INNCWADI

# YEZIBALO EZINGCWELE,

E

## ZETESTAMENTE ENDALA

NE

## ZETESTAMENTE ENTSHA,

ZIGUQULWE KWEZONTETO ZANIKWA KUQALA NGAZO.




ELONDONE, KWELAMANGESI:
ISHICILELWE NGU-W. CLOWES NONYANA BAKE.
1864.

University of Fort Hare
Together in Excellence

## AMAGAMA

# ENNCWADI ZONKE ZETESTAMENTE ENDALA,

## NENANI LEZAHLUKO ZAZO.


| | INEZAHLUKO |
| --- | --- |
| I-Genesise | 50 |
| I-Kesodusi | 40 |
| I-Levitikusi | 27 |
| Imibalo | 36 |
| I-Duteronomi | 34 |
| U-Yoshuwa | 24 |
| Abagwebi | 21 |
| U-Rute | 4 |
| Eyokuqala ka-Samyali | 31 |
| Eyesibini ka-Samyali | 24 |
| Eyokuqala yokumkani | 22 |
| Eyesibini yokumkani | 25 |
| Eyokuqala yezikronike | 29 |
| Eyesibini yezikronike | 36 |
| U-Ezera | 10 |
| U-Nehemiya | 13 |
| U-Esetere | 10 |
| U-Jobi | 42 |
| Amaculo | 150 |
| Imizekeliso | 31 |
| Umshumayeli | 12 |
| Ingoma ka-Solomone | 8 |
| U-Yisaya | 66 |
| U-Jeremiya | 52 |
| Izililo | 5 |
| U-Hezekile | 48 |
| U-Danyeli | 12 |
| U-Hosheba | 14 |
| U-Joweli | 3 |
| U-Hamose | 9 |
| U-Hobadiya | 1 |
| U-Jona | 4 |
| U-Mika | 7 |
| U-Nahume | 3 |
| U-Habakuke | 3 |
| U-Tsefaniya | 3 |
| U-Hagai | 2 |
| U-Zekariya | 14 |
| U-Malaki | 4 |


University of Fort Hare
Together in Excellence

# EYOKUQALA INNCWADI KAMOSESI,

E-KUTIWA

# YIGENESISE.

## ISAHLUKO I.

EKUQALEKENI wadala UTIXO izulu
nomhlaba.

2 KEKALOKU umhlaba wabugxwayi-
ba, wauzé kanjalo; kwabako nobumnyama
ebusweni benzulu. Waye umoya KATIXO
wazamazama pezu kwobuso bamanzi.

3 Wayesiti UTIXO: Makubeko ukuka-
nya; kwaza kwabako ukukanya. 4 Waye
UTIXO wabona ukukanya ukuba kulungile;
waza UTIXO wenza isahlulo pakati kwoku-
kanya nobumnyama. 5 Wati UTIXO uku-
tiya ukukanya, yimmini; wati nokutiya
ubumnyama, bubusuku. Kwaza ukuhlwa
nokusa kwaba ngumhla wokuqala.

6 Wayesiti UTIXO: Makubeko isibaka-
baka pakati kwamanzi, sizo sibe sisahlulo
pakati kwamanzi namanzi. 7 Waza UTIXO
wasenza isibakabaka, wawahlula amanzi
abengapantsi kwesibakabaka, kuwo amanzi
abengapezu kwesibakabaka. Kwaye ku-
njalo ke. 8 Wati UTIXO ukutiya isibaka-
baka, lizulu. Kwaza ukuhlwa nokusa
kwaba ngumhla wesibini.

9 Wayesiti UTIXO: Amanzi angapantsi
kwezulu makahlanganiselwe endaweni
innye, kuze kubonakale okwomileyo.
Kwaye kunjalo ke. 10 Wati UTIXO ukutiya
okwomileyo, ngumhlaba; wati nokutiya
ukuhlanganisana kwamanzi, zilwandhle.
Waye UTIXO wabona ukuba kulungile.
11 Wayesiti UTIXO: Umhlaba mauvelise
innca, *n*omfuno unika imbewu, *n*omti wo-
kuqama, uhlanza isiqamo ngemmilo yawo,
ombewu ipakati kwawo, pezu kwomhlaba.
Kwaye kunjalo ke. 12 Umhlaba wavelisa
innca, *n*omfuno unika imbewu ngemmilo
yawo, nomti uhlanza isiqamo, ombewu
ipakati kwawo, ngemmilo yawo. Waye
UTIXO wabona ukuba kulungile. 13 Kwaza
ukuhlwa nokusa kwaba ngumhla wesi-
tatu.

14 Wayesiti UTIXO: Makubeko izika-
nyiso esibakabakeni sezulu, zizo zisenzo
isahlulo pakati kwemmini nobusuku; ma-
zibe zizo ezemiqondiso, nezamaxesha ami-
selweyo, nezemihla, nezeminyaka: 15 ma-
ziti kanjalo zibe zizikanyiso esibakabakeni
sezulu zokukanyisa pezu kwomhlaba.
Kwaye kunjalo ke. 16 Wazenza UTIXO
zazibini izikanyiso ezikulu; eso 'sikulu isi-
kanyiso ukuba sipate immini, neso 'sinci-
nane isikanyiso ukuba sipate ubusuku;
*wazenza* nenkwenkwezi. 17 Wayezimisa
UTIXO esibakabakeni sezulu, ukuba zika-
nyise pezu kwomhlaba, 18 nokuba zipate
pezu kwemmini napezu kwobusuku, no-
kuba zisenze isahlulo pakati kwokukanya
nobumnyama. Waye UTIXO wabona ukuba
kulungile. 19 Kwaza ukuhlwa nokusa
kwaba ngumhla wesine.

20 Wayesiti UTIXO: Amanzi makakolise
ukuvelisa izilwana eżinokudhliwa kwobo-
mi; nentaka mazipapazele pezu kwomhlaba
esibakabakeni sezulu. 21 Wadala UTIXO
iminenga emikulu, nazo zonke izinto ezi-
nokudhliwa kwobomi ezishukumayo, awati
amanzi akolisa ukuzivelisa ngemmilo ya-
zo; kwa nazo zonke intaka ezinamapiko
ngemmilo yazo. Waye UTIXO wabona ukuba
kulungile. 22 Waza UTIXO wazitamsanqela,
esiti: Cumani, nande, nizalise amanzi
akuzo ilwandhle; nentaka mazande emhla-
beni. 23 Kwaza ukuhlwa nokusa kwaba
ngumhla wesihlanu.

24 Wayesiti UTIXO: Umhlaba mawuve-
lise izinto ezinokudhliwa kwobomi ngem-
milo yazo, inkomo, nento ezinambuzelayo,
nezilo zomhlaba, ngemmilo yazo. Kwaye



University of Fort Hare
Together in Excellence

nqata lazo. Waye UYEHOVA wabuka u-Abele
nomnikelo wake: 5 kanti u-Kayine nomni-
kelo wake akambukanga. Waza u-Kayine
waqumba kunene, bati shwa nobuso bake.
6 Wayesiti UYEHOVA ku-Kayine: Uqumbele
nina? bute shwa nganina nobuso bako?
7 Nxa ulungisayo, akuyi kwamkelwa na?
nanxa ungalungisiyo, isono silele ngaselu-
cangweni: kwakuya kuba kuwe ukukanuka
kwake, uti wena umongame.
8 Wada u-Kayine wati ku-Abele umni-
nawe wake: *Masiye endhle.* Kwaye kute ba-
kuba sendhle, wandula u-Kayine wasukela
ngakuye u-Abele umninawe wake, wambu-
lala. 9 Waza UYEHOVA wati ku-Kayine:
Upina u-Abele umninawe wako? Waye-
siti: Andazi; ndingumgcini womninawe
wami yinina? 10 Waza wati: Yinto nina
oyenzileyo? Ilizwi legazi lake umninawe
wako lilila kumi kwa semhlabeni. 11 Ka-
loku uqalekisiwe wena emhlabeni, obuwa-
kama umlomo wawo ukwamkela igazi
lomninawe wako esandhleni sako. 12 Xe-
shekweni uwulima umhlaba, awuyi kubuya
ukunikele amandhla awo: woba lidunga-
dunga nebadubadu emhlabeni. 13 Waza
u-Kayine wati KUYEHOVA: Ityala lami
likulu, lide lingabi nakutwalwa. 14 Bona
ke, undigxotile namhla ebusweni bomhlaba,
ndandiya kufihlelwa nobuso bako; ndoba
lidungadunga nebadubadu emhlabeni; kwa-
kuya kuti, osukuba endifumana wondibu-
lala. 15 Wandul' ukuti UYEHOVA kuye:
Ngako oko osukuba ebulala u-Kayine,
kwopindezelwa kuye ngokusixenxe. Waye
UYEHOVA wambekela u-Kayine umqondiso,
wokokuba ati osukuba emfumana angambu-
lali.
16 Waza wapuma u-Kayine ebusweni
BUKAYEHOVA, waya wahlala elizweni
le-Node, ngasempumalanga ye-Hedeni.
17 Waye u-Kayine wazi umfazi wake;
wada wakaula, wazala u-Enoki: waza wa-
ka isixeko, wabiza igama lesixeko eso nge-
gama lonyana wake, ngo-Enoki. 18 Kwaye
kuzalelwa u-Enoki, u-Hirade; waza u-
Hirade wazala u-Mehuyaheli; no-Mehu-
yaheli wazala u-Metushaheli; no-Metusha-
heli wazala u-Lameki.
19 Wati u-Lameki wazizekela abafazi
babini; igama lomnye belingu-Hada, iga-
ma lomnye belingu-Tsila. 20 Waye u-
Hada wazala u-Yabali: nguye obenguyise
wabahlala ezintenteni, nowabafuya inkomo.
21 Igama lomninawe wake belingu-Yubali:
nguye obenguyise wabo bonke abapeto
iziculiso nezigwaliso. 22 No-Tsila, kwa
naye wazala u-Tubali-kayine, umkandi
wazo zonke impahla zobedu nesiñcete:
udade ka-Tubali-kayine waengu-Nahama.
23 Wayesiti u-Lameki kubafazi bake:
Hada no-Tsila! pulapulani ilizwi lami;
nina 'bafazi baka-Lameki! bekelani uku-
teta kwami indhlebe; ngokuba indoda
ndiyibulele ugennxa yenxeba lami, nendo-
dana ngennxa yomvimbo wami: 24 ukuba
u-Kayine wopindezelelwa ngokusixenxe,
kwoba ngokungamashumi asixenxe anesi-
xenxe *aya kupindezelelwa* u-Lameki.
25 Wabuya wazi u-Adame umfazi wake;
waza wazala unyana, wambiza ngegama
elingu-Shete:* ngokuba UTIXO, *watsho*, e-
ndimisele ennye inzalo esikundhleni sika-
Abele, ngokuba u-Kayine embulele.
26 Naku-Shete, kwa nakuye kwazalwa
unyana; negama lake walibiza ngo-Enoshe.
Kwaqalwa oko ukubiza ngegama LIKAYE-
HOVA.

5 NASI isibalelwa sezizukulwana zika-
Adame. Emhleni UTIXO wamdala um-
ntu, wamenza ngemfuzo KATIXO. 2 Wa-
badala indoda nomfazi, wabatamsanqela,
wababiza ngegama elingumntu, ngomhla
wokudalwa kwabo.
3 Wahlala u-Adame iminyaka yalikulu
elinamashumi matatu, waza wazala *unyana*
ngemfuzo yake, njengomfanekiso wake,
wambiza ngegama elingu-Shete. 4 Yaibe
imihla ka-Adame, emveni kwokuzala kwa-
ke u-Shete, ingamakulu asibozo; wayezala
onyana nentombi. 5 Yonke imihla ka-
Adame, abehleli ngayo, ibiyiminyaka inga-
makulu alitoba anamashumi matatu; wada
wafa.
6 Wahlala u-Shete iminyaka yalikulu
elinesihlanu, waza wamzala u-Enoshe.
7 Waye u-Shete wahlala, emveni kwoku-
zala kwake u-Enoshe, iminyaka yamakulu
esibozo anesixenxe, wazala onyana nento-
mbi. 8 Yonke imihla ka-Shete ibiyiminyaka
ingamakulu alitoba aneshumi linamibini;
wada wafa.
9 Wahlala u-Enoshe iminyaka yangama-
shumi alitoba, waza wamzala u-Kenane.
10 Waye u-Enoshe wahlala, emveni kwo-
kuzala kwake u-Kenane, iminyaka yama-
kulu asibozo aneshumi linesihlanu, wazala

* *Oko kukuti:* Omiselweyo.



University of Fort Hare

onyana nentombi. 11 Yonke imihla ka-
Enoshe ibiyiminyaka ingamakulu alitoba
anamihlanu ; wada wafa.

12 Wahlala u-Kenane iminyaka yanga-
mashumi asixenxe, waza wamzala u-Maha-
lalele. 13 Waye u-Kenane wahlala, emveni
kwokuzala kwake u-Mahalalele, iminyaka
yamakulu asibozo anamashumi mane, wa-
zala onyana nentombi. 14 Yonke imihla
ka-Kenane ibiyiminyaka ingamakulu ali-
toba aneshumi linye ; wada wafa.

15 Wahlala u-Mahalalele iminyaka ya-
ngamashumi matandatu anesihlanu, waza
wamzala u-Yeredi. 16 Waye u-Mahalalele
wahlala, emveni kwokuzala kwake u-
Yeredi, iminyaka yamakulu asibozo anama-
shumi matatu, wazala onyana nentombi.
17 Yonke imihla ka-Mahalalele ibiyimi-
nyaka ingamakulu asibozo anamashumi
alitoba anesihlanu ; wada wafa.

18 Wahlala u-Yeredi iminyaka yalikulu
elinamashumi matandatu anesibini, waza
wamzala u-Enoki. 19 Waye u-Yeredi wa-
hlala, emveni kwokuzala kwake u-Enoki,
iminyaka yamakulu asibozo, wazala onyana
nentombi. 20 Yonke imihla ka-Yeredi
ibiyiminyaka ingamakulu alitoba anama-
shumi matandatu anesibini ; wada wafa.

21 Wahlala u-Enoki iminyaka yanga-
mashumi matandatu anamihlanu, waza
wamzala u-Metushela. 22 Waye u-Enoki
wahamba NOTIXO, emveni kwokuzala kwake
u-Metushela, iminyaka yamakulu matatu,
wazala onyana nentombi. 23 Yonke imi-
hla ka-Enoki ibiyiminyaka ingamakulu
matatu anamashumi matandatu anamihla-
nu. 24 Waye u-Enoki wahamba NOTIXO;
wada akabi sabiko, ngokuba UTIXO emsu-
sile.

25 Wahlala u-Metushela iminyaka yali-
kulu elinamashumi asibozo anesixenxe,
waza wamzala u-Lameki. 26 Waye u-
Metushela wahlala, emveni kwokuzala
kwake u-Lameki, iminyaka yamakulu asi-
xenxe anamashumi asibozo enamibini,
wazala onyana nentombi. 27 Yonke imihla
ka-Metushela ibiyiminyaka ingamakulu
alitoba anamashumi matandatu anesitoba ;
wada wafa.

28 Wahlala u-Lameki iminyaka yalikulu
elinamashumi asibozo enesibini, waza wa-
zala unyana, 29 wamtiya igama elingu-
Nowa,* esiti : Lo uya kusonwabisa pezu
kwomsebenzi wetu, napezu kwomzamo
wezandhla zetu, ngenuxa yomhlaba owa-
wuqalekisayo UYEHOVA. 30 Waye u-La-
meki wahlala, emveni kwokuzala kwake
u-Nowa, iminyaka yamakulu mahlanu
anamashumi alitoba enamihlanu, wazala
onyana nentombi. 31 Yonke imihla ka-
Lameki ibiyiminyaka ingamakulu asixe-
nxe anamashumi asixenxe enesixenxe ;
wada wafa.

32 Kekaloku u-Nowa ebeyiminyaka ya-
makulu mahlanu ubudala bake ; waza
u-Nowa wazala u-Sheme, u-Hame, no-
Jafete.

6 KWAYE kute, bakuba abantu sebeqa-
lile ukwanda pezu kwomhlaba, nokuba
babezalelwe intombi, 2 bandula onyana
BAKATIXO babona intombi zabantu ukuba
zinkle, bazizekela abafazi kuzo zonke aba-
ziqashayo.

3 Waza wati UYEHOVA : Umoya wami
akayi kumana epikisana nomntu ngonapa-
kade, kwa sekubeni eyinnyama yena ;
kodwa imihla yake yoba yiminyaka ibe
likulu elinamashumi mabini.

4 Yabeko imindondoshelo emhlabeni
ngezontsuku ; nakanjako emveni kwoko,
xeshekweni onyana BAKATIXO bangena kuzo
intombi zabantu, zaza zazala *abantwana*
kubo : abati bona baba ngamaroti abenga-
wakudala, amadoda adumileyo.

5 Waye UTIXO wabona ukuba inkohla-
kalo yabantu inkulu emhlabeni, nokuba
konke ukucinga kwenkumbulo zenkliziyo
zabo kukohlakele kodwa imihla yonke.
6 Waza wanosizi UYEHOVA ukuba ebenzile
umntu emhlabeni, kwaye kububuhlungu
kuyo enkliziyweni yake. 7 Wandula wati
UYEHOVA : Umntu, lowo endimdalileyo,
ndiya kumcita ebusweni bomhlaba ; kwa
umntu, nenkomo, nesinambuzane, nentaka
zezulu ; ngokuba kulusizi kumi ukuba
ndizenzile. 8 Kuloko u-Nowa wafumana
ufefe emehlweni KAYEHOVA.

9 EZI zizizizukulwana zika-Nowa. U-
Nowa ebeyindoda elungileyo, efezekile ezi-
zukulwaneni zake : wahamba NOTIXO u-
Nowa lowo. 10 Wayezala u-Nowa onyana
babatatu, u-Sheme, u-Hame, no-Jafete.
11 Waube umhlaba wonakele ebusweni
BUKATIXO ; wabuzele umhlaba lubudhlwe-
ngu. 12 Waza UTIXO wakangela umhlaba ;
bona ko, wawonakele ; ngokuba ulumntu

* *Oko kukuti :* Ukwonwaba.

5

University of Fort Hare
Together in Excellence

lonke lube lwonakalisile indhlela yalo pezu
kwomhlaba.

13 Ngako wati UTIXO ku-Nowa: Ukupela
kwoluntu lonke kufikile pambi kwami;
ngokuba umhlaba uzele bubudhlwengu
ngalo: kanjalo, bona ke, ndiya kulutsha-
balalisa kunye nomhlaba. 14 Zenzele wena
innqanawa ngemiti yegofere; izindhlu uya
kuzenza ennqanaweni, uze uyiqabe pakati
nangapandhle ngetywina. 15 Kungokunje
uya kuyenza: *Zoba* zikubite ezingamakulu
matatu ubude bennqanawa, *n*ekubite ezi-
ngamashumi mahlanu ububanzi bayo, ne-
kubite ezingamashumi matatu ubupakamo
bayo. 16 Ifenstile uya kuyenzela innqa-
nawa leyo; kungekubite innye uya kuyi-
gqiba pezulu; nocango lwennqanawa uya
kulubeka ecaleni layo; uya kuyenza ine-
yasezantsi, neyesibini, neyesitatu *indawo*.
17 Ngokuba mina, bona ke, ndiza kwa
mina ukuzisa umsingakazi wamanzi pezu
kwomhlaba, kuze kutshatyalaliswe innya-
ma yonke, ekukuyo umpefumlo wobomi,
kwa pantsi kwezulu; konke okusemhlabeni
kuya kububa. 18 Ndiya kumisa kodwa
umnqophiso lwami nawe; wanya kungena
ennqanaweni wena, nonyana bako, nomfazi
wako, nabafazi bonyana bako kunye nawe.
19 Nakuzo zonke izinto ezinokudhliwa
kwobomi, kwinnyama yonke, uya kunge-
nisa ngambini kuzo zonke *inkdobo*, zize
zipiliswe kuwe: yoba yinkunzi nemazi.
20 Kwintaka ngemmilo yazo, nakwinkomo
ngemmilo yazo, nakuzo zonke izinambuzane
zomhlaba ngemmilo yazo, kwoba zimbini
kuzo zonke ngezinnye eziya kungena kuwe,
ukuba kupiliswe. 21 Uze wena uzitaba-
tele kuko konke ukutya okutyiwayo, uku-
butele kuwe; kwakuya kuba kukutya
kuwe nakuzo.

22 Wenje njalo u-Nowa; njengoko ko-
nke abemyalele ngako UTIXO, wenza kwa
ngokunjalo.

7 Wada wati UYEHOVA ku-Nowa: Ngena
wena nayo yonke indhlu yako ennqana-
weni; ngokuba wena ndikubonile ulungile
ebusweni bami kwesisizukulwana. 2 Kuzo
zonke izilo ezicocekileyo wotabatela kuwe
ngesixenxe ngesixenxe, inkunzi nemazi
yayo; kodwa kuzo izilo ezingacocekileyo
*wotabata* ngazibini, inkunzi nemazi yayo.
3 Nakwintaka zezulu *wotabata* ngesixenxe
ngesixenxe, inkunzi nemazi yayo; kuze
kupiliswe inzalo ebusweni bomhlaba wo-
nke. 4 Ngokuba kusentsuku zisixenxe,
ndandiya kunisa imvula pezu kwomhlaba,
immini zibe 'mashumi mane, nobusuku bube
'mashumi mane; nako konke okuhleliyo,
endandikwenzile, ndiya kukucita ebu-
sweni bomhlaba wonke.

5 Waza u-Nowa wenza njengoko konke
abemyalele ngako UYEHOVA.

6 Kekaloku u-Nowa ebeyiminyaka ya-
makulu matandatu ubudala bake, wakuba-
ko umsingakazi wamanzi pezu kwomhlaba.
7 Wandula wangena u-Nowa, nonyana
bake, nomfazi wake, nabafazi bonyana bake
kunye naye, ennqanaweni, ngennxa yama-
nzi awo umsingakazi. 8 Kwizilo ezicoce-
kileyo, nakwizilo ezingezizo ezicocekileyo,
nakuzo intaka nazo zonke izinto ezinambu-
zelayo emhlabeni, 9 kwangenwa ngambini
ngambini ukuza ku-Nowa ennqanaweni,
inkunzi nemazi yayo, kwa njengokuba UTIXO
ebemyalele u-Nowa. 10 Kwaza kwati,
emveni kwezontsuku zisixenxe, abako
amanzi omsingakazi pezu kwomhlaba.

11 NGOMNYAKA wamakulu matandatu
wokudhla ubomi kuka-Nowa, ngennyanga
yesibini, ngoweshumi linesixenxe umhla
wennyanga, kwa ngomhla lowo yonke imi-
tombo yayo inzulu enkulu yanqikwa, nezi-
tuba zezulu zavuleka. 12 Yaibe imvula
ibako emhlabeni immini zamashumi mane
nobusuku bamashumi mane. 13 Ngokwa
nguwo lomhla wangena u-Nowa, no-
Sheme, no-Hame, no-Jafete, onyana baka-
Nowa, nomfazi ka-Nowa, nabafazi boba-
tatu bonyana bake kunye nabo, ennqa-
naweni: 14 kwa bona, nazo zonke izilo
ngemmilo yazo, nazo zonke inkomo
ngemmilo yazo, nazo zonke izinambu-
zane ezinambuzelayo pezu kwomhlaba
ngemmilo yazo, nazo zonke intaka ngem-
milo yazo, zonke intakana zamapiko onke.
15 Zaye zingena ku-Nowa ennqanaweni
ngambini ngambini, kwinnyama yonke
ekukuyo ummoya wobomi. 16 Zati ezo
ezazingena, zangena ziyinkunzi nemazi
kuyo yonke innyama, njengokuba UTIXO
ebemyalele. Waza UYEHOVA wamvalela.

17 Kekaloku umsingakazi wayimihla
yamashumi mane pezu kwomhlaba; ati ke
amanzi anda, afunqula innqanawa, yada
yapakamela pezulu pezu kwomhlaba.
18 Aza amanzi eyisa, anda nokwanda ka-
kulu pezu kwomhlaba; yaye innqanawa
ihamba ebusweni bamanzi. 19 Ada ako-
lisa amanzi ukweyisa kunene, zaza zagu-



University of Fort Hare

kunokudhliwa kwobomi, kwoba kukutya
kuni; kwa njengomfuno oluhlaza ndinipile
konke. 4 Kodwa innyama isenabo ubomi
bayo, *oko kukuti*, igazi layo, ningatyi yona.
5 Ngokuba ngennyaniso igazi lenu, elobo-
mi benu, ndiya kulibuza; kwa sesandhleni
sezilo zonke ndiya kulibuza; nasesandhleni
sabantu, esandhleni sabazalwana babo aba-
nye ngabanye, ndiya kubuza ubomi baba-
ntu. 6 Opalaza igazi labantu, elake igazi
liya kupalazwa ngabantu; ngokuba beku-
ngomfanekiso KATIXO wenzayo abantu.
7 Kodwa nina, cumani, nande; kolisani
ukuzala emhlabeni, nande kuwo.

8 Wabuya wateta UTIXO ku-Nowa, na-
konyana bake kunye naye, esiti: 9 Mina,
bona ke, ndiyamisa ucebano lwami kunye
nani, nakunye nenzalo yenu emva kwenu;
10 kwa kunye nazo zonke izinto ezipilileyo
ezikuni, intaka, nenkomo, nazo zonke izilo
zomhlaba kunye nani; kuzo zonke ezipu-
mileyo emnqanaweni, kude kube kuzo zo-
nke izilo zomhlaba. 11 Ndandiya kumisa
ucebano lwami nani, okokuba akusayi ku-
nqanyulwa innyama yonke kanjako nga-
manzi omsingakazi; nokuba akusayi ku-
buya kubeko umsingakazi wokutshabalalisa
umhlaba.

12 Wayesiti UTIXO: Lo ngumqondiso
wocebano olo ndilwenzayo pakati kwami
nani, nazo zonke izinto ezipilileyo ezi-
kuni, kwisizukulwana ngesizukulwana
kude kube ngunapakade: 13 Umnyama
wami ndiwubekile elifini; wona woba
ngumqondiso wocebano pakati kwami
nomhlaba. 14 Kwakuya kuti, ndakulenza
ilifu lisibekelele umhlaba, uze umnyama
lowo ubonakale elifini; 15 ndiya kwandula
ndikumbule ucebano lwami, olupakati
kwami nani, nazo zonke izinto ezipilileyo,
ezennyama yonke; ati amanzi angabuyi
abe ngumsingakazi wokutshabalalisa um-
hlaba. 16 Nxa lomnyama uya kubako
elifini, ndiya kwandula ndikangele pezu
kwawo, ukuba ndikumbule ucebano olu-
ngunapakade pakati kwake UTIXO nazo
zonke izinto ezipilileyo, ezennyama yonke
esemhlabeni. 17 Waza UTIXO wati ku-
Nowa: Lo ngumqondiso wocebano endilu-
misileyo pakati kwami nayo yonke innyama
esemhlabeni.

18 KEKALOKU onyana baka-Nowa,
abo babepumile emnqanaweni, bebengu-
Sheme, no-Hame, no-Jafete: waye u-Hame
enguyise ka-Kanane. 19 Aba 'batatu be-
bengonyana baka-Nowa; e'kungabo utelwe
sa umhlaba wonke.

20 Waza u-Nowa waqala ukuba ngumli-
mi womhlaba, watyala isitiya semiti yeve-
yine. 21 Wayesela kuyo iveyine, ude
wanxila; waye ehlubulukile pakati kwen-
tente yake. 22 Waza u-Hame, uyise
ka-Kanane, wabona ubuzé boyise, waya
waxelela abakuluwe bake bobabini ngapa-
ndhle. 23 Bandula u-Sheme no-Jafete
batabata ingubo, bayibeka emagxalabeni
abo bobabini, baya ngomva, bagubungela
ubuzé boyise wabo; ubuso babo *bebujika*
ngomva, baze bangaboni ubuzé boyise
wabo. 24 Ude wavuka u-Nowa kokweve-
yine yake, wayesazi oko abekwenzile kuye
unyana wake omncinane. 25 Waza wati:
Makaqalekiswe u-Kanane; abe sisicaka
sezicaka kubakuluwe bake. 26 Wati ka-
njalo: Makabongwe UYEHOVA, UTIXO ka-
Sheme; abe u-Kanane esisicaka kuye.
27 UTIXO makandise u-Jafete, aze ahlale
ezintenteni zika-Sheme; ati u-Kanane abe
sisicaka kuye.

28 Waye u-Nowa wahlala emveni kwom-
singakazi iminyaka yamakulu matatu
anamashumi mahlanu. 29 Yonke imihla
ka-Nowa ibiyiminyaka ingamakulu alitoba
anamashumi mahlanu; wada wafa.

10 NAZI izizukulwana zabo onyana baka-
Nowa, u-Sheme, u-Hame, no-Jafete:
baye bona bezalelwe onyana emveni kwom-
singakazi.

2 Onyana baka-Jafete: ngu-Gomere,
no-Magoge, no-Madai, no-Javane, no-Tu-
bali, no-Mesheki, no-Tirase. 3 Nonyana
baka-Gomere: ngu-Shekenaze, no-Rifate,
no-Togama. 4 Nonyana baka-Javane;
ngu-Elishai, no-Tareshishe; ngama-Kiti,
nama-Dodani. 5 Bekungabo aba zahlulwa-
yo iziqiti zenklanga emazweni azo; ezin-
nye ngezinnye ngokuteta kwazo, ngeziza-
lwane zazo, ezizweni zazo.

6 Nabo onyana baka-Hame: ngu-Kushe,
no-Mitsarime, no-Pute, no-Kanane. 7 No-
nyana baka-Kushe: ngu-Seba, no-Havila,
no-Sabeta, no-Rahama, no-Sabeteka. Nonya-
na baka-Rahama: ngu-Sheba, no-Dedane.

8 Kekaloku u-Kushe wazala u-Nimrode;
owaqala ukuba liroti emhlabeni. 9 Yena
wabeliroti ekuzingeleni pambi KWOYEHOVA;
kwakutshiwo ngoko ukuti: Njengaye u-
Nimrode oliroti ekuzingeleni pambi KWO-



University of Fort Hare

YEHOVA. 10 Ukuqala kwobukumkani bake
bekuyi-Babele, ne-Ereki, ne-Akade, ne-
Kalene, elizweni le-Shinare. 11 Wa-
puma kwelozwe waya e-Asiriya, waka
i-Nineve, ne-Rehobote-hire, ne-Kalai,
12 ne-Resene, pakati kwe-Nineve ne-Kalai:
esisixeko esikulu yona.
13 Wati u-Mitsarime wazala ama-Ludi,
nama-Hanami, nama-Lehabi, nama-Nafe-
tuhi, 14 nama-Faterusi, nama-Kaseluhi,
(ekwavela kona ama-Filistiya,) nama-
Kafetori.
15 No-Kanane wazala u-Tsidone *unyana*
wake wamazibulo, no-Hete; 16 kwa nom-
Yebusi, nom-Amori, nom-Giregashe,
17 nom-Hivi, nom-Araki, nom-Sini, 18 nom-
Aravadi, nom-Tsemari, nom-Hamati: kwa-
bekute kamva, zatiwa sa izizalwane zaba-
Kanane. 19 Kekaloku umda waba-Kanane
ubuvela e-Tsidone, njengokuba kuyiwa
e-Gerari, kude kube se-Gaza; njengokuba
kuyiwa e-Sodome, nase-Gomora, nase-
Adema, nase-Tseboyime, kude kube se-
Lasha. 20 Aba bangabo onyana baka-
Hame, ngezizalwane zabo *na*ngenteto zabo,
emazweni abo *na*sezizweni zabo.
21 Waye u-Sheme wazalelwa *onyana*
naye, okwa nguyise walo lonke usapo luka-
Hebere, engumninawe ka-Jafete omkulu.
22 Onyana baka-Sheme: ngu-Helami, no-
Ashure, no-Rafatsade, no-Lude, no-Arame.
23 Nonyana baka-Arame: ngu-Hutse, no-
Hule, no-Getere, no-Mashe. 24 Wati
u-Rafatsade wazala u-Sala, no-Sala wazala
u-Hebere. 25 No-Hebere kwamzalelwa
onyana bababini: igama lomnye lalingu-
Pelege,* ngokuba bekusemihleni yake um-
hlaba wahlulwa; negama lomkuluwe wake
lalingu-Yoketane. 26 Waye u-Yoketane
wazala u-Lamodade, no-Shelefe, no-Hatsa-
mavete, no-Jera, 27 no-Hadorame, no-
Yuzale, no-Dikala, 28 no-Hobali, no-Abi-
male, no-Sheba, 29 no-Ofire, no-Havila,
no-Jobabe: bonke aba bangonyana baka-
Yoketane. 30 Ukuhlala kwabo bekuvela
e-Mesha, njengokuba kuyiwa e-Sefara,
intaba yangasempumalanga. 31 Aba ba-
ngonyana baka-Sheme, ngezizalwane zabo
*na*ngenteto zabo, emazweni abo, *na*ngezizwe
zabo. 32 Ezi ke zizizizalwane zabo onyana
baka-Nowa, ngezizukulwana zabo, ezi-
zweni zabo: kwa ngabo aba zazisahlulwa
izizwe pezu kwomhlaba emveni kwawo
umsingakazi.

* *Oko kukuti:* Isahlulo.

9

11 KEKALOKU wonke umhlaba wau-
nomlomo 'mnye nenteto 'mnye. 2
Kwaye kute, nxa babehamba ngasempu-
malanga, bafumana itafa ezweni le-Shi-
nare; baza bahlala kona.
3 Bada bati omnye kwomnye: Yizani,
senze izitene, sikolise ukuzigqwagqwa.
Babenezitene endaweni yamatye, babeno-
daka endaweni yekalike. 4 Baye besiti:
Yizani, sizakele isixeko, kwa nennqaba
engcopo ibe sezulwini; size sizenzele iga-
ma, hlezibe sipangalaliswe ebusweni bawo
wonke umhlaba. 5 Waza UYEHOVA wehla
ukuza kubona isixeko nennqaba, ababezaka
onyana babantu. 6 Wayesiti UYEHOVA:
Bona ke, abantu banye, banomlomo 'mnye
bonke kanjalo; kukuqala kwokwenza kwa-
bo oku; kaloku akuko 'nto eya kunqandeka
kubo, abaqingileyo ukuyenza. 7 Yizani,
kesihle, sibidabide kona apo inteto yabo,
ukuze bangevani omnye ukuteta kwomnye.
8 Waza UYEHOVA wabati sa kwa lapo ebu-
sweni bawo wonke umhlaba; bandula
bayeka ukwaka isixeko eso. 9 Ngako oko
besibizwa ngegama eliyi-Babele;* ngokuba
bekukona UYEHOVA wabidabida inteto yom-
hlaba wonke: kwakukona kanjalo wabati
sa UYEHOVA ebusweni bawo wonke um-
hlaba.

10 EZI zizizizukulwana zika-Sheme:
u-Sheme ebeyiminyaka yalikulu ubudala
bake, waza wazala u-Rafatsade, yaminyaka
mibini emveni kwawo umsingakazi.
11 Waye u-Sheme wahlala, emveni kwo-
kuzala kwake u-Rafatsade, iminyaka ya-
makulu mahlanu, wazala onyana nentombi.
12 Wahlala u-Rafatsade iminyaka yama-
shumi matatu anamihlanu, waza wazala
u-Sala. 13 Waye u-Rafatsade wahlala,
emveni kwokuzala kwake u-Sala, iminyaka
yamakulu mane anamitatu, wazala onyana
nentombi. 14 Wahlala u-Sala iminyaka
yamashumi matatu, waza wazala u-Hebere.
15 Waye u-Sala wahlala, emveni kwoku-
zala kwake u-Hebere, iminyaka yamakulu
mane anamitatu, wazala onyana nentombi.
16 Wahlala u-Hebere iminyaka yamashu-
mi matatu anamine, waza wazala u-Pelege.
17 Waye u-Hebere wahlala, emveni kwo-
kuzala kwake u-Pelege, iminyaka yama-
kulu mane anamashumi matatu, wazala
onyana nentombi. 18 Wahlala u-Pelege
iminyaka yamashumi matatu, waza wazala

* *Oko kukuti:* Ukubidabideka.

University of Fort Hare
Together in Excellence

wami? bendingaba ndimzekile nje abe
ngumfazi wami: kodwa kaloku, nanku
umfazi wako; *m*tabate, uhambe ke. 20 Wa-
ye u-Faro wayalela amadoda *ake* ngaye,
aza amndulula yena, nomfazi wake, nako
konke abenako.

13 WAZA u-Abrame wenyuka e-Jipete,
yena, nomfazi wake, nako konke abe-
nako, enaye no-Lote, ukuya ngasesuyide.
2 Wayetyebile kakulu u-Abrame lowo,
ngenkomo, *na*ngesilivere, nangegolide.
3 Wahamba ngemfuduko zake, *esuka* esu-
yide, *esiya* kude kwase-Betele, kuleyondawo
apo yabiko intente yake kona ekuqaleni,
pakati kwe-Betele ne-Hahai; 4 kwa sen-
daweni yesibingelo, eso wasenzela kona
ngapambili; waye u-Abrame wabiza apo
egameni LIKAYEHOVA.
5 No-Lote, lo obehamba no-Abrame,
waenazo izimvu, nenkomo, nentente, naye.
6 Kekaloku elozwe lalingenako ukubatwa-
la, kuze kuhlalelwane ndawonye; ngokuba
imfuyo yabo ibinkulu, kude bakohlwe ku-
kuhlala ndawonye. 7 Kwaye kusuka ipike
pakati kwabalusi benkomo zika-Abrame
nabalusi benkomo zika-Lote. Bahlala aba-
Kanane nama-Perizi kwelozwe oko. 8 Wa-
za wati u-Abrame ku-Lote: Makekungabiko
impikisano pakati kwami nawe, napakati
kwabalusi bami nabalusi bako; ngokuba
singabazalwana tina. 9 Asi lilo ilizwe
lonke elipambi kwako na? uze wahlukane
nami: ukuba *uya* ngasekohlo, ndojikela
ngasekunene; ukuba kanti *uya* ngasekune-
ne, ndojikela ngasekohlo.
10 Waza u-Lote wapakamisa amehlo
ake, wabona lonke itafa lase-Yoredane,
ukuba lilizwe elikolisa ukucenceshwa inda-
wo zonke; *elalite*, engekatshabalalisi UYE-
HOVA i-Sodome ne-Gomora, *la*njengomyezo
KAYEHOVA, *na*njengelizwe le-Jipete, kude
kwaziwa e-Tsohare. 11 Wandula u-Lote
waziqashela lonke itafa lase-Yoredane;
wasuka u-Lote wahambela ngasempumala-
nga: baza bahluka omnye kwomnye.
12 Wahlala u-Abrame elizweni le-Kanane;
wati u-Lote wahlala ezixekweni zasetafe-
ni, wamisa intente ngase-Sodome. 13 Ko-
dwa abantu base-Sodome bebengabakohla-
keleyo, abagqitisa ukwona ngapambi kwake
UYEHOVA.
14 Wayesiti UYEHOVA ku-Abrame, emve-
ni kwokuba u-Lote ubo wahlukene naye:
Zuwapakamise amehlo ako, ukangele kwa
kulondawo apo ukona, ngasenode, nangase-
suyide, nangasempumalanga, nangasentsho-
nalanga: 15 ngokuba lonke ilizwe ulibo-
nayo, ndiya kulinika kuwe, nakwinzalo
yako, kude kube ngunapakade. 16 Nda-
ndiya kuyenza inzalo yako njengotuli lwom-
hlaba; kwoda kuti, nxa angabala umntu
utuli lwomhlaba, kwandule ukubalwa nen-
zalo yako. 17 Suka, ucande ilizwe ebu-
deni balo nasebubanzini balo; ngokuba
ndiya kukupa lona.
18 Waza wafudusa intente u-Abrame,
weza wahlala ngasesiyekeni sika-Mamre,
esikufupi ne-Hebrone, wakela kona isibi-
ngelo KUYEHOVA.

14 KWAYE kute emihleni ka-Amrafele
ukumkani we-Shinare, *no*-Ariyoke
ukumkani we-Elasare, *no*-Kedorelahomere
ukumkani we-Helami, *no*-Tidali ukumkani
wezizwe; 2 benza imfazwe bona ngakuye
u-Bera ukumkani we-Sodome, nangakuye
u-Biresha ukumkani we-Gomora, *no*-Shina-
be ukumkani we-Adema, no-Shemebere
ukumkani we-Tseboyime, nokumkani we-
Bela, ekwa yiyo i-Tsohare. 3 Bonke aba
bahlanganisana emhlanjeni we-Sidime, olu-
lo ulwandhle olutyuwa. 4 Babekonzile
ku-Kedorelahomere iminyaka yalishumi
linamibini; kodwa ngoweshumi linesitatu
umnyaka bavukela *ngakuye*. 5 Kwaza
kwati, ngomnyaka weshumi elinesine, weza
u-Kedorelahomere, kwa nokumkani ababe-
naye, babeta ama-Rafa e-Hashetarote-ka-
nayime, nama-Zuzi e-Hame, nama-Eyime
e-Shave-kiriyatayime, 6 nama-Hori enta-
beni yawo ye-Sehire, kwada kwase-Eli-
parane, engasenklango. 7 Bandula babuya,
beza kufika e-Hene-mishepati, ekwa yiyo
i-Kadeshe, babeta lonke ilizwe lama-Ama-
leki, kwa naba-Amori, abo bahlala e-
Hatsetsone-tamare.
8 Kwaza kwapuma ukumkani we-Sodome,
nokumkani we-Gomora, nokumkani we-
Adema, nokumkani we-Tseboyime, noku-
mkani we-Bela, ekwa yiyo i-Tsohare: bayo
belungisa ukulwa nabo emhlanjeni we-
Sidime; 9 kwa naye u-Kedorelahomere
ukumkani we-Helami, no-Tidali ukumkani
wezizwe, no-Amrafele ukumkani we-Shi-
nare, no-Ariyoke ukumkani we-Elasare;
okumkani abahlanu *besilwa* nabane. 10 Ko-
kaloku umhlambo we-Sidime ubuneminxu-
ma ngeminxuma yodaka: kwesaba uku-
mkani we-Sodome nowe-Gomora, benzakala



University of Fort Hare
Together in Excellence

kona; bati abaseleyo besabela entabeni.
11 Baza basusa yonke impahla yase-Sodome
ne-Gomora, nako konke ukutya kwabo, be-
mka ke. 12 Bamsusa no-Lote, unyana
womkuluwe ka-Abrame, nempahla yake,
baza bemka: ngokuba ebehlala yena e-
Sodome.

13 Waza wafika osindileyo, washuma-
yela ku-Abrame um-Hebere: ngokuba
ebemi yena ngasesiyekeni sika-Mamre um-
Amori, umkuluwe ka-Shekole, nomkuluwe
ka-Hanere; aba bebengabatelelani baka-
Abrame. 14 Wati akuba evile u-Abrame
okokuba umzalwana wake utinjiwe, wapu-
ma *nezicaka* zake eziqelisiweyo, zizelwe
endhlwini yake, zingamakulu matatu ane-
shumi linesibozo, wabaputuma kude kwase-
Dane. 15 Waza wahlukahluka ngakubo
ngobusuku, yena nezicaka zake, wababeta;
waye ebaputuma kwada kwase-Hoba, enga-
sekohlo kwe-Damakusi. 16 Wabuyisa yo-
nke impahla, no-Lote umzalwana wake
wambuyisa naye, nempahla yake, kwa
nabafazi, nabantu.

17 Wandula wapuma ukumkani we-So-
dome ukuya kumkaulela, emveni kwoku-
buya kwake ekubetweni kuka-Kedorelaho-
mere, nokwokumkani ababenaye, emhla-
njeni we-Shave, okwa nguwo umhlambo
wokumkani. 18 Wati no-Makizedeki,
ukumkani we-Saleme, wapuma nesonka
neveyine; waye yena ebengumperisite
KATIXO opezu konke. 19 Waza wamtamsa-
nqela, wati: Makatanyusanqelwe u-Abrame
NGUTIXO opezu konke, ofuya izulu nomhla-
ba! 20 Makabongwe NOTIXO opezu konke,
oyekelele intshaba zako esandhleni sako!
Waza wamnika isishumi sako konke.

21 Wayesiti ukumkani we-Sodome kuye
u-Abrame: Ndinike mina iziqu, uze wena
uzitabatele impahla. 22 Wati kodwa u-
Abrame kukumkani we-Sodome: Isandhla
sami ndisipakamisele KUYEHOVA, KUTIXO
opezu konke, ofuya izulu nomhlaba,
23 okokuba *andiyi kutabata* kwa kulo usinga
kude kube lirwintsela lesihlangu, nokuba
andiyi kutabata nannye into eyeyako,
ukuze ungatsho ukuti: Ndimi owamtyebi-
sayo u-Abrame. 24 Okwami, makube koko
bakutyileyo abafana kupela, nesahlulelwa
salamadoda abehamba nami, u-Hanere, u-
Shekole, no-Mamre; mabatabate bona isa-
hlulelwa sabo.

15 EMVENI kwezizinto leza ilizwi LIKA-
YEHOVA ku-Abrame ngomboniso, lisiti:
Ungoyiki, Abrame! ndilikaka kuwe mi-
na, ndingumvuzo wako omkulu kunene.
2 Wati u-Abrame: NKOSI, YEHOVA! yinto
nina woyinika kumi, ndihamba ndingenam-
ntwana nje, negosa lendhlu yami lingu-
lom-Damakusi u-Eliyezeri?

3 Wayesiti u-Abrame: Bona ke, mina
akundinikanga 'nzalo; kanjalo, nanku oze-
lweyo endhlwini yami eyindhlalifa yami.
4 Kekaloku bona ke, ilizwi LIKAYEHOVA
*leza* kuye, lisiti: Asi nguye lo oya kuba
yindhlalifa yako; koko lowo oya kupuma
kwawako amatumbu, nguye oya kuba
yindhlalifa yako. 5 Waza wampumisela
ngapandhle, wati: Zubeke ngasezulwini,
uzibale inkwenkwezi, ukuba ungabala zo-
na; wayesiti kuye: Yoba njalo inzalo yako.

6 Wandula wakolwa NGUYEHOVA; owam-
balela kona kube kukulunga.

7 Wayesiti kuye: Mina ndiNGUYEHOVA
owakukupayo e-Ure yasema-Kaledineni,
ukuba ndikunike elilizwe, ukuze ulidhle
ilifa lalo. 8 Waza wati: NKOSI, TIXO!
sendiya kukwazi nganto nina okokuba
ndiya kulidhla ilifa lalo? 9 Wati kuye:
Nditabatele itokazi eliminyaka mitatu,
nemazi yebokwe eminyaka mitatu, nenku-
nzi yegusha eminyaka mitatu, nehobe, ne-
tole lezuba. 10 Waza wazitabatela zonke
ezi, wazicanda pakati, wazibeka iziqendu
zilungelelene esinye nesinye; kodwa inta-
kana akazicandanga. 11 Zati zakuhlika
intakakazi pezu kwazo izidumbu, wandula
u-Abrame wazisantsulisa. 12 Kwaye kute,
lakuza kutshona ilanga, u-Abrame wawe-
lwa bubutongo obunzima; kekaloku bona
ke, isoyikiso sobumnyama obukulu sawa
pezu kwake. 13 Wayesiti ku-Abrame:
Yazi kunene ukuba inzalo yako yoba nga-
basemzini elizweni elingelelayo,—yoba-
konza, bati bona bayibandezele,—iminyaka
ibe ngamakulu mane. 14 Kananjalo eso-
sizwe iya kukonza kuso, ndiya kusigweba;
yoti kamva ipume nendyebo enkulu. 15
Kanti wena uya kuya koyihlo bako ngoxo-
lo; wonewatywa ebudaleni obukolisileyo.
16 Nesizukulwana sesine, bona bobuya
beze apa; ngokuba ukukohlakala kwaba-
Amori akukazaliseki ngoku. 17 Kwaza
kwati, lakuba lise litshonile ilanga, kuse
kumnyama nje, nasi isidhlangalala esiqu-
mayo nesibane somlilo, esidhlula pakati
kweziqendu ezo.



University of Fort Hare

18 Ngokwa ngumhla lowo wenza UYEHOVA
ucebano no-Abrame, esiti: Kwinzalo yako
ndilipile ilizwe eli, kwa kuwo umlambo
wase-Jipete kude kwakuwo umlambo
omkulu, umlambo ongum-Ferate: 19 ama-
Keni, nama-Kenizi, nama-Kademoni,
20 nama-Hete, nama-Perizi, nama-Rafa,
21 naba-Amori, naba-Kanane, nama-Gire-
gashe, nama-Yebusi.

16 KEKALOKU u-Sarai, umfazi ka-
Abrame, akamzalelanga abantwana:
waenekobokakazi, um-Jipetekazi, eligama
lingu-Hagare. 2 Wayesiti u-Sarai ku-
Abrame: Bona ke, UYEHOVA undibambile
ekuzaleni; uz' uti ngoko ungene kwikobo-
kakazi lami: ndinga ndiya kuzuza aba-
ntwana ngalo. Wapulapula u-Abrame eli-
zwini lika-Sarai. 3 Waza u-Sarai, umfazi
ka-Abrame, wamtabata u-Hagare um-Jipe-
tekazi, ikobokakazi lake, emvenikweni
wabehleli u-Abrame iminyaka yalishumi
ezweni le-Kanane, wamnika ku-Abrame
indoda yake, ukuba abe ngumfazi wake.
4 Wandula wangena ku-Hagare, owakau-
layo. Kekaloku akubona ukuba ukaulile,
inkosikazi yake yadeleka emehlweni ake.
5 Waza u-Sarai wati ku-Abrame: Ukwoniwa
kwami *kube* pezu kwako! ikobokakazi lami
ndilinikile esifubeni sako; kekaloku laku-
bona ukuba likaulile, ndadeleka emehlweni
alo; makagwebe UYEHOVA pakati kwami
nawe. 6 Wayesiti u-Abrame ku-Sarai:
Bona ke, ikobokakazi lako lisesandhleni
sako; yenza kulo ngokulungileyo emehlwe-
ni ako. Waza u-Sarai walibandezela, lada
lesaba ebusweni bake. 7 Yalifumana inge-
losi KAYEHOVA ngasemtonjeni wamanzi
enklango, ngasemtonjeni osendhleleni yase-
Shure. 8 Eyati: Hagare, kobokakazi lika-
Sarai! uvela pina? woya ngapina kanjalo?
Wati: Ndisabile ebusweni buka-Sarai
inkosikazi yami. 9 Yaza yati ingelosi
KAYEHOVA kuye: Buyela kwinkosikazi ya-
ko, uzitobise ngapantsi kwezandhla zayo.
10 Yati ingelosi KAYEHOVA kuye kanjako:
Ndiya kwandisa inzalo yako ngokuyandisa
kakulu, ide ingabi nakubalwa ngenmxa yo-
kuba 'nninzi kwayo. 11 Yalekela ingelosi
KAYEHOVA yati kuye: Bona ke, use umiti,
wauya kuzala unyana, ubize igama lake ngo-
Shimayeli,* ngokokuba evile UYEHOVA
imbandezelwa yako. 12 Woba yena engum-
ntu obuqwarara; isandhla sake soba nga-
kubo abantu bonke, nesandhla sabantu bo-
nke soba ngakuye; waeya kuma ngase-
busweni babo bonke abazalwana bake.
13 Waye elibiza igama LIKAYEHOVA owateta
naye ngokuti: Wena 'TIXO wesibonakalo!
ngokuba ebesiti: Ndisabona na kwa lapa
emveni kwesibonakalo? 14 Kukona be-
kubizwa eloqula ngokuti yi-Bere-lahai-
roi;* nanguya pakati kwe-Kadeshe ne-
Beredi. 15 Waza u-Hagare wamzalela
u-Abrame unyana; wati u-Abrame wabiza
igama lonyana wake, lo ubemzele u-Hagare,
ngo-Shimayeli. 16 Waye u-Abrame wayi-
minyaka engamashumi asibozo enesitanda-
tu ubudala bake, nxa u-Hagare wamzalela
u-Abrame u-Shimayeli lowo.

17 KWAYE kute, akuba u-Abrame eyi-
minyaka imashumi alitoba enesitoba
ubudala bake, wabonakala UYEHOVA ku-
Abrame, wati kuye: Mina ndiNGUTIXO
onamandhla onke; hamba ebusweni bami,
ufezeke ukulunga. 2 Ndandiya kubeka
ucebano lwami pakati kwami nawe, ndi-
kwandise nokukwandisa ngokukulu kakulu.
3 Waza u-Abrame wawa ngobuso bake;
wayeteta UTIXO naye, esiti: 4 Mina, bona
ke, ucebano lwami lunawe; woba wena
unguyise wento enninzi yezizwe. 5 Ka-
njalo igama lako aliyi kuba sabizwa ngo-
Abrame, koko igama lako loba ngu-Abra-
hame; ngokuba ndikwenzile uyise wento
enninzi yezizwe. 6 Ndokuenmisa ngoku-
kulu kakulu, ndenze izizwe ngawe; baya
kuvela nokumkani kuwe. 7 Ndandiya
kumisa ucebano lwami pakati kwami
nawe, nenzalo yako emva kwako nge-
zizukulwana zabo, lube ucebano olungu-
napakade, lwokokuba ndibe NGUTIXO kuwe,
kwa nakuyo inzalo yako emva kwako.
8 Kanjalo ndiya kunika wena, nenzalo
yako emva kwako, ilizwe lokupambukela
kwako, kwa lonke ilizwe le-Kanane, libe
yimfuyo engunapakade; ndandiya kuba
NGUTIXO wabo.

9 Walekela UTIXO wati ku-Abrahame:
Woti wena ngoko ulubambe ucebano lwa-
mi, wena, nenzalo yako emva kwako
ngezizukulwana zabo. 10 Olu lucebano
lwami, eniya kubamba lona, pakati kwa-
mi nani, nenzalo yako emva kwako:
konke okubudoda kuya kwaluswa pakati

* *Oko kukuti:* UTIXO uyeva.

* *Oko kukuti:* Liqula lokupila nokubona.



University of Fort Hare
Together in Excellence

kwenu. 11 Niya kwalusa innyama yejwa-
bu lenu; okuya kuba ngumqondiso *oko*
wocebano olupakati kwami nani. 12 Omi-
hla isibozo uya kwaluswa pakati kwenu,
konke okubudoda ngezizukulwana zenu,
lowo ozelweyo endhlwini, nalowo otengi-
weyo ngemali kosukuba engowasemzini,
ongenguye owenzalo yako. 13 Lowo oze-
lweyo endhlwini yako, nalowo otengiweyo
ngemali yako, uya kwaluswa ngennyaniso;
lwoba ucebano lwami lusennyameni yenu
lube lucebano olungunapakade. 14 Noku-
ngalukileyo okubudoda, lowo innyama
yejwabu lake ingalukanga, lompefumlo
uya kunqanyulwa ebantwini bawo; ulwa-
pule ucebano lwami.
15 Walekela UTIXO wati ku-Abrahame:
u-Sarai, umfazi wako, akuyi kulibiza igama
lako ngo-Sarai, koko liya kuba ngu-Sara
igama lake. 16 Ngokuba ndiya kumtamsa-
nqela, ndikunike unyana ngaye; ewe,
ndiya kumtamsanqela, waeya kuba ngu-
*nina* wezizwe; okumkani bezizwe bovela
kuye.
17 Waza u-Abrahame wawa ngobuso
bake, wahleka; wati enkliziyweni yake:
Ominyaka yobudala ilikulu uya kuzalelwa
*umntwana* na? no-Sara, ominyaka yobudala
ingamashumi alitoba, uya kuzala na?
18 Wayesiti u-Abrahame KUTIXO: Akaba
u-Shimayeli ebengapilayo ebusweni bako!
19 Wati UTIXO: Okwennene u-Sara umfazi
wako wokuzalela unyana, negama lake uya
kulibiza ngo-Yisake; ndandiya kumisa
ucebano lwami naye, lube lucebano olu-
ngunapakade nenzalo yake emva kwake.
20 No-Shimayeli ndikuvile ngaye; bona
ke, ndimtamsanqele, ndandiya kumcumisa,
ndimandise nokumandisa ngokukulu kaku-
lu; uya kuzala inkosana ezilishumi lina-
mbini, ndandiya kumenza isizwe esikulu.
21 Kodwa ucebano lwami ndiya kumisa
lona no-Yisake, lo u-Sara aya kumza-
lela wena malunga nelixesha ngomnyaka
ozayo.
22 Wada wayeka ukuteta naye; wayo
UTIXO wenyuka ku-Abrahame.
23 Waza u-Abrahame watabata u-Shi-
mayeli unyana wake, nabo bonke ababeze-
lwe endhlwini yake, nabo bonke ababete-
ngiwe ngemali yake, konke okubudoda
pakati kwabantu bendhlu ka-Abrahame,
wayalusa innyama yejwabu labo, kwa ngo-
kwa nguwo umhla lowo, njengokuba ebe-
tshilo kuye UTIXO. 24 Kekaloku u-Abra-
hame ebeyiminyaka yamashumi alitoba
enesitoba ubudala bake, akwaluswa ennya-
meni yejwabu lake. 25 No-Shimayeli
unyana wake ebeyiminyaka yalishumi li-
nesitatu ubudala bake, akwaluswa ennya-
meni yejwabu lake. 26 Ngokwa nguwo
umhla lowo kwaluswa u-Abrahame, no-
Shimayeli unyana wake. 27 Nawo onke
amadoda endhlu yake, lawo azelweyo
endhlwini yake, nalawo atengiweyo
ngemali kowasemzini, abesaluswa kunye
naye.

18 WABUYA wabonakala UYEHOVA kuye
ngasesiyekeni sika-Mamre, uxa ahle-
li emnyango wentente yake ekufudumaleni
kwemmini. 2 Owapakamisa amehlo ake
wakangela, kekaloku nanga amadoda ma-
tatu emi ngakuye; wati akuwabona, wa-
baleka ukuya kuwakaulela *esuka* emnyango
wentente, watoba ngasemhlabeni; 3 wati:
NKOSI! ukuba sendifumene ufefe eme-
hlweni ako, uze ungadhluli umke kwi-
sicaka sako. 4 Makekuziswe intwana ya-
manzi, nize nihlambe innyawo zenu, niti
butu ngapantsi kwalomti. 5 Ndandiya
kuzeka umtamo wesonka, ukuba nizixase
inkliziyo zenu; noda niti kamva, nigqite;
ngokuba kwa kukona nidhluleyo ukuza
esicakeni senu. Aza ati: Yenza njengoko
ukutetileyo.
6 Wakauleza u-Abrahame waya ententeni
ku-Sara, wati: Nxama ulungise izilinga-
niso zibe zitatu zomgubo ocolekileyo, *wu-
buce*, wenze izonkana. 7 Waza wabaleka
u-Abrahame waya ezinkomeni, wazeka
itole, lilelitambileyo nelilungileyo, wali-
nika kumfana, owanxama ukulipeka.
8 Wayetabata amafuta epehlwa, namasi,
netole abelipekile, wabeka ngasebusweni
bawo, wema ngakuwo pantsi kwomti lowo,
aza atya ke.
9 Aye esiti kuye: Upina u-Sara umfazi
wako? Wati: Nankuya ententeni. 10 Wa-
za wati: Ngokwennene ndobuya ndize
kuwe ekutwaseni kwelixesha; kanjalo,
bona ke, u-Sara umfazi wako woba nonyana.
Kwaviwa ngu-Sara emnyango wentente,
obusemva kwake. 11 Kekaloku u-Abra-
hame no-Sara bebebadala, bekolisile ukuba
nemihla; kwabekupeziwe ukuhla ku-Sara
njengesiko labafazi. 12 Wati u-Sara ngoko
wahleka pakati kwake, esiti: Emveni
kwokwalupala kwami sendiya kuba nobu-
yolo na, inkosi yami indala nje nayo?



University of Fort Hare

13 Wayesiti UYEHOVA ku-Abrahame: Wa-
hleka nganina u-Sara, esiti: Ndoka ndizale
ngennyaniso na, sendimdala nje? 14 Kuko
into engamnqabelayo UYEHOVA na? Nge-
xesha elimisiweyo ndiya kubuya ndize
kuwe, ekutwaseni kwexesha eli, waeya
kuti u-Sara abe nonyana. 15 Waza waka-
nyela u-Sara, esiti: Andihlekanga; ngo-
kuba ebesoyika. Wayesiti: Hai, wahle-
ka.

16 Asuka apo amadoda la, abeka ngase-
Sodome; wahamba nawo no-Abrahame,
ukuba awapelekelele. 17 Wayesiti UYE-
HOVA: Ndiya kumfihlela u-Abrahame na,
oko ndikwenzayo; 18 nxa u-Abrahame
ngennyaniso aya kuba sisizwe esikulu
nesinamandhla, nanxa zonke izizwe zom-
hlaba ziya kutanyusanqeliswa ngaye?
19 Ngokuba sendimazi, okokuba uya ku-
yalela abantwana bake nabendhlu yake
emva kwake, ukuba bageine indhlela KA-
YEHOVA, benze okulungileyo nokufaneleyo;
ukuze, akuziso UYEHOVA pezu kwo-Abra-
hame oko akutetileyo ngaye.

20 Waza wati UYEHOVA: Ngokokuba
isikalo se-Sodome ne-Gomora sikulu, no-
kuba isono sazo sinzima kunene; 21 ndoka
ndihle ke, ukuya kubona ukuba kugqitye-
lwe ukwenzwa na njengesikalo sazo esizi-
leyo kumi; sendiya kuti, ukuba akunjalo,
ndikwazi ke. 22 Aza amadoda la ajika
kwa lapo, ahambela ngase-Sodome; kanti
u-Abrahame ebesemi ebusweni BUKAYE-
HOVA.

23 Waye u-Abrahame wasondela, wati:
Kanene uya kububisa abalungileyo kunye
nabakohlakeleyo na? 24 Kungabako um-
hlaumbi amashumi mahlanu abalungi-
leyo pakati kwesixeko; wobubisa na,
ungayeki indawo ngennxa yabamashumi
mahlanu abalungileyo abakuso? 25 Ma-
kube lé kuwe ukwenza ngendawo enjalo,
yokuba ubulale abalungileyo kunye naba-
kohlakeleyo! nokuba abalungileyo babe
njengabakohlakeleyo, makube lé kuwe
*oko!* umgwebi wawo wonke umhlaba akayi
kwenza okufaneleyo yinina? 26 Wayesiti
UYEHOVA: Ukuba ndiyafumana e-Sodome
amashumi mahlanu abalungileyo pakati
kwesixeko, ndiya kwandula ndiyeke yonke
indawo ngennxa yabo. 27 Wapendula
u-Abrahame, wati: Bona ke, sendiqalile
ukuteta ENKOSINI, ndilutuli notutu nje
*kodwa.* 28 Kungati umhlaumbi kusweleke
abahlanu kuwo amashumi mahlanu abalu-
ngileyo; wositshabalalisa ngennxa yabo
'bahlanu na sonke isixeko? Yaza yati:
Andiyi kusitshabalalisa, ukuba ndofumana
kona amashumi mane anesihlanu. 29 Wa-
buya walekela ukuteta kuyo, wati: Ku-
ngaba kwofunyanwa kona amashumi mane.
Yati: Andiyi kukwenza nangennxa yama-
shumi mane. 30 Waza wati: Makunga-
qumbiseki ENKOSINI, ndize nditete! Kunga-
ba kwofunyanwa kona amashumi matatu.
Yati: Andiyi kukwenza, ukuba ndofumana
kona amashumi matatu. 31 Wayesiti:
Bona ke, sendiqalile ukuteta ENKOSINI.
Kungaba kwofunyanwa kona amashumi
mabini. Yati: Andiyi kusitshabalalisa
nangennxa yamashumi mabini. 32 Wabuya
wati: Makungaqumbiseki ENKOSINI, ndize
nditete kube kaloku kupela! Kungaba
kwofunyanwa kona ishumi linye. Yati:
Andiyi kusitshabalalisa nangennxa ye-
shumi linye. 33 Wasuka wemka UYEHO-
VA, akuba egqibile ukuteta no-Abrahame:
wati u-Abrahame wabuyela endaweni ya-
ke.

19 ZEZA kufika ezongelosi zimbini e-
Sodome ngokuhlwa: waye u-Lote wa-
hlala esangweni le-Sodome: wati u-Lote
akuzibona, wesuka ukuya kuzikaulela,
watoba ngobuso ngasemhlabeni. 2 Waza
wati: Bona ke, zinkosi zami! kenipa-
mbukele endhlwini yesicaka senu, nilalise
*kona*, nihlambe inyawo zenu; naniya ku-
vuka kusasa, nihambe ngendhlela yenu.
Zati: Hai; koko siya kulalisa esitarateni.
3 Waza waziqùba kakulu, zada zapambu-
kela kuye, zangena endhlwini yake; waye
ezenzela isidhlo, woja izonkana ezingena-
gwele, zatya ke.

4 Zingekalali, asuka amadoda asesixe-
kweni, amadoda ase-Sodome, angqonga
leyondhlu, kwa namadala namatsha, bonke
abantu kuwo onke amacala. 5 Baza babiza
ku-Lote, bati kuye: Apina lawomadoda
abengena kuwe ngobubusuku? wakupele
kuti, ukuze siwazi. 6 Wandula wapuma
u-Lote waya kubo emnyango, wavala uca-
ngo emva kwake, 7 wati: Bazalwana
bami! zeningakwenzi okukohlakeleyo.
8 Bona ke, ndinentombi zimbini ezingaya-
zanga 'ndoda; makendinikupele zona, nize
nenze kuzo njengokulungileyo emehlweni
enu; kodwa lamadoda ningawenzi 'nto,
ngokuba kukona babengena ngapantsi
kwomtunzi wentungo yami. 9 Baza bati:



University of Fort Hare

Kwelela. Bati kanjalo: Lomfo uze uku-
hlala *apa* njengowasemzini, ade afun' ukwe-
nza njengomgwebi: kaloku sesiya kupa-
ta kakubi wena ngapezu kwawo. Baye
bexinga ngasendodeni leyo, ngaku-Lote,
kakulu, bada basondela ukugqoboza ucango.
10 Andula amadoda lawo olula izandhla za-
wo, amngenisa u-Lote kwa kuwo endhlwini,
avala ucango. 11 Nabantu ababengaselu-
cangweni lwendhlu ababeta ngobumfama,
kwa nabancinane nabakulu, bada bazidinisa
ukunga bangafumana ucango.
12 Aza ati amadoda lawo ku-Lote: Ba-
ngobanina usenabo apa? ongumyeni, onya-
na bako, nentombi zako, nako konke unako
kwesisixeko, kukupe kulendawo: 13 ngo-
kuba siya kutshabalalisa lendawo, ngoko-
kuba sikulu isikalo sabo ebusweni BUKAYE-
HOVA; kukona UYEHOVA asitumileyo ukuza
kuyitshabalalisa. 14 Wapuma u-Lote,
wateta nabo abangabayeni kuye, abebeya
kuzeka intombi zake, watsho ukuti: Sukani,
nipume kulendawo; ngokuba UYEHOVA
eya kutshabalalisa isixeko esi. Koko wanga
ungohlekayo kubo abangabayeni kuye.
15 Kwati kwakuti qip' ukusa, zandula
ingelosi zamnxamisa u-Lote, zisiti: Suka,
utabate umfazi wako, nentombi zako zo-
mbini ezikoyo apa, ukuze ungabujiswa ebu-
bini besisixeko. 16 Kodwa wazilazila;
ngako amadoda lawo abamba isandhla sake,
nesandhla somfazi wake, nesandhla sento-
mbi zake zombini, UYEHOVA enobubele nje
ngakuye, ampumisa *endhlwini*, ambeka
ngapandhle kwesixeko. 17 Kwaza kwati,
xeshekweni abebapumisele ngapandhle
*kwesixeko*, wati: Zisindise ngenxa yobomi
bako; ungabeki ngasemva kwako, unga-
hlali nokuhlala kulo lonke itafa; sindela
entabeni, ukuze ungabujiswa. 18 Wati
kuwo u-Lote: Makekungabi njalo, NKOSI!
19 Bona ke, isicaka sako sifumene ufefe
emehlweni ako, ude wabenza bukulu ubu-
bele bako, obo undipete ngabo ngokulondo-
loza umpefumlo wami ekudhliweni kwo-
bomi; kanti andingesindele entabeni, hleze
ndifikelwe lilishwa, ndife ke. 20 Bona ke,
esisixeko sikufupi, ukuba kusabelwe kona;
sesincinane kanjalo; makendisindele kona,
(asi siso esincinane na?) uze umpefumlo
wami udhle ubomi. 21 Wayesiti kuye:
Bona ke, ndikubukile nangalento, yokuba
andiyi kucita esosixeko utetile ngaso.
22 Nxama, usindele kona; ngokuba ndiko-
hliwe kukwenza into ude ufike kona.
Ngako oko kwabizwa igama lesixeko eso
ngo-Tsohare.* 23 Ilanga lakova ukupuma
pezu kwomhlaba, akuba u-Lote wangena
e-Tsohare.
24 Wandula UYEHOVA wanisa pezu kwe-
Sodome ne-Gomora isulfure nomlilo uvela
KUYEHOVA ezulwini; 25 waćita ezozixeko
kanjalo, nalo lonke itafa, nabo bonke abemi
bezixeko ezo, nokuhluma kwomhlaba.
26 Kodwa umfazi wake wabeka ngomva
emva kwake, waza waba sisimo setyuwa.
27 Kekaloku u-Abrahame wavuka ku-
sasa, waya endaweni apo abemi kona ebu-
sweni BUKAYEHOVA. 28 Wayebeka ngase-
Sodome ne-Gomora, nangakulo lonke ilizwe
lasetafeni, wakangela, kekaloku bona ke,
kwenyuka umsi welizwe njengomsi wesi-
dhlangalala.
29 Kwaye kute, nxa UTIXO watshabala-
lisa izixeko zasetafeni, wandula UTIXO wa-
kumbula u-Abrahame, wamkupa u-Lote
kwa pakati kwokucitakala, ekucitweni
kwezixeko abehleli kuzo u-Lote. 30 Waye
u-Lote wapuma e-Tsohare, wahlala enta-
beni, nentombi zake zombini kunye naye;
ngokuba ebesoyika ukuhlala e-Tsohare:
ngako wahlala emqolombeni, yena nento-
mbi zake zombini. 31 Yaza eyamazibulo
yati kuyo enncinane: Ubawo umdala; ka-
njalo akuko 'ndoda kwelilizwe yokungena
kuti njengesiko lawo wonke umhlaba;
32 yiza, size simseze ubawo iveyine, silale
naye, ukuba silondoloze inzalo ngobawo.
33 Zaye zimseza uyise iveyine ngobusuku
obo: yaza eyamazibulo yangena, yalala
noyise; owaengaqiqanga nxa ilala pantsi,
nanxa isukayo. 34 Kwati ngomnye umhla,
eyamazibulo yati kuyo enncinane: Bona
ke, ndalala pezolo nobawo; makesimseze
iveyine ngobubusuku nabo; uze ungene
wena, ulale naye, ukuba silondoloze inzalo
ngobawo. 35 Zaza zamseza uyise iveyine
ngobobusuku nabo; yesuka leyo inncinane,
yaya yalala naye; owaengaqiqanga nxa ilala
pantsi, nanxa isukayo. 36 Kwa njalo za-
mita intombi zika-Lote zombini ngoyise.
37 Yada eyamazibulo yazala unyana, yam-
biza ngegama elingu-Mowabi: nguye lo
uyise wama-Mowabi kude kwanamhla.
38 Nenncinane, yazala unyana nayo, yam-
biza ngegama elingu-Bene-hami: nguye
lo uyise walo usapo luka-Hamoni kude
kwanamhla.

* *Oko kukuti:* Sincinane.



University of Fort Hare

20 WEMKA apo u-Abrahame waya nga-
sezweni lasesuyide, wema pakati
kwe-Kadeshe ne-Shure; waza wapambu-
kela e-Gerari. 2 Wabetshilo u-Abrahame
ngaye u-Sara umfazi wake ukuti: Ngudade
wami yena; ngako watuma u-Abimeleki,
ukumkani we-Gerari, wamsusa u-Sara.
3 Kanti weza UTIXO ku-Abimeleki nge-
pupa ebusuku, wati kuye: Bona ke, ungo-
fileyo ngennxa yalomfazi umsusileyo, ngo-
kuba yena selendile endodeni. 4 Kodwa
u-Abimeleki ebengasondelanga kuye: waza
wati: NKOSI! isizwe esilungileyo woka
usibulale kusinina? 5 Akatshongo na
ukuti kumi: Ngudade wami? naye, wabe
kwa yena esiti: Ngumkuluwe wami: ku-
ngolungelelwano lwenkliziyo yami nango-
bumsulwa bezandhla zami endikwenzile
oku. 6 Waza UTIXO wati kuye epupeni:
Nami ndiyakwazi ukuba kungolungelelwa-
no lwenkliziyo yako ukwenzile oku; ngo-
kuba kanjalo ndikunqandile ekwoneni nga-
kumi; kukona ndingakuvumelanga ukuba
umcukumise. 7 Uze uti kaloku ubuyise
umfazi walendoda, ngokuba ingumprofite
yona, yaiya kukutandazela, ukuze upile;
kodwa ukuba akumbuyisi, yazi okokuba
uya kufa ngokufa, kwa wena, nako konke
unako.
8 Wayevuka u-Abimeleki kwa kusasa,
wabiza zonke izicaka zake, wateta onke
lamazwi ezindhlebeni zazo. Ati amadoda
lawo oyika kakulu. 9 Waza u-Abimeleki
wambiza u-Abrahame, wati kuye: Yinto
nina uyenzileyo kuti? kanjalo yinto nina
endikwonile ngayo, ukuba uzisile pezu
kwami napezu kwobukumkani bami ityala
elikulu *kangaka?* izenzo ezinga zingenziwe
uzenzile kumi. 10 Walekela u-Abimeleki
ukuti ku-Abrahame: Ububona 'nto nina,
ukuba wayenza lento? 11 Waza wati u-
Abrahame: Bekungokuba bendisiti: Oku-
nene akuko ukwoyikwa KUKATIXO kulenda-
wo; sebeya kundibulala ngennxa yomfazi
wami. 12 Kanti unguye nodade wami
ngennyaniso; uyintombi kabawo, kodwa
akayiyo intombi kamá; wada waba ngum-
fazi wami. 13 Kwaza kwati, okuya
UTIXO wandibangazisayo endhlwini kabawo,
kendati kuye: Obu bubububele uya ku-
ndenzela bona: kuzo zonke indawo esiya
kufika kona, uti ngami: Ngumkuluwe wa-
mi yena. 14 Wandula u-Abimeleki wata-
bata izimvu, nenkabi, nezicaka, nezicaka-
kazi, wazinika ku-Abrahame, wambuyisela
kuye no-Sara umfazi wake. 15 Wayesiti
u-Abimeleki: Nangu umhlaba wami use-
busweni bako; hlala apo kulungile eme-
hlweni ako *ukuba uhlale* kona. 16 Wati
nakuye u-Sara: Bona ke, ndimnikile umku-
luwo wako iwaka *leshekele* zesilivere; bona
ke, usisigubungelo samehlo kuwe, kubo
bonke abakunye nawe, nakunye *nabanye*
bonke: bekunjalo ukwohlwaywa kwako.
17 Waza u-Abrahame watandaza KUTIXO;
waye UTIXO wapilisa u-Abimeleki, nomfazi
wake, nezicakakazi zake; bada bazala.
18 Ngokuba UYEHOVA ebegqibele ukuzivi-
ngca zonke izizalo zabendhlu ka-Abimeleki,
ngennxa ka-Sara umfazi ka-Abrahame.

21 WAYE UYEHOVA wamkumbula u-Sara
njengokutsho kwake; kanjalo UYE-
HOVA wenzela u-Sara njengokuteta kwake.
2 Wada wamita u-Sara, wamzalela u-Abra-
hame unyana ebudaleni bake, ngelimisi-
weyo ixesha abetetile ngalo kuye UTIXO.
3 Waye u-Abrahame wabiza igama lonyana
wake obemzalelwe, lowo u-Sara wamzalela
yena, ngo-Yisake. 4 Waza u-Abrahame
walusa u-Yisake unyana wake, eyimihla
isibozo ubudala bake, njengokuba ebemya-
lele UTIXO. 5 Wabe u-Abrahame eyimi-
nyaka ilikulu ubudala bake, akuzalelwa
u-Yisake unyana wake. 6 Wayesiti u-Sara:
UTIXO undenzele ukuhleka; bonke abevayo
bobleka nami. 7 Wabuya wati: Ngubanina
obeya kutsho ku-Abrahame ukuti: u-Sara
wanyisile abantwana? ngokuba ndizele
unyana ebudaleni bake.
8 Wakula umntwana, walunyulwa; waza
u-Abrahame wenza umtendeleko omkulu
emhleni abelunyulwa ngawo u-Yisake.
9 Kekaloku u-Sara wambona unyana
ka-Hagare um-Jipetekazi, lowo wamzalela
u-Abrahame, ehleka. 10 Wati ngoko ku-
Abrahame: Gxota elikobokakazi nonyana
walo; ngokuba unyana welikobokakazi
engayi kulidhla ilifa kunye nonyana wami,
kunye no-Yisake. 11 Kodwa lendawo
ibimbi kakulu emehlweni ka-Abrahame,
ngennxa yonyana wake. 12 Waza UTIXO
wati ku-Abrahame: Makungabi 'kubi eme-
hlweni ako pezu kwomfana, napezu kwe-
kobokakazi lako: konke akutshilo kuwe
u-Sara, lipulapule ilizwi lake ngako; ngo-
kuba ku-Yisake iya kubizwa inzalo yako.
13 Kwa naye unyana wekobokakazi ndiya
kumenza isizwe, ngokokuba eyinzalo yako.
14 Waza wavuka u-Abrahame kwa kusasa,



University of Fort Hare
Together in Excellence

watabata isonka, nentsuba yamanzi, wazi-
nika ku-Hagare, ezibeka egxalabeni lake;
*wamnika* nomfana, wamndulula ke. Wasuka
wemka, wabangazeka enklango yase-Bere-
sheba.
15 Kwaza kwati, akuba epelile amanzi
entsubeni, wamwisa umfana ngapantsi
kwomnye wemitana. 16 Waya yena wa-
hlala pantsi elunge *waye*, kwamgama onga-
ngokutolwa kwesipeta; ngokuba ebesiti:
Mandingaboni ukufa kwomfana. Wahlala
ke elunge *waye*, wapakamisa ilizwi lake,
walila. 17 Waye UTIXO weva ilizwi lom-
fana; yaza ingelosi KATIXO yabiza ku-
Hagare isezulwini, yati kuye: Unandawo
nina, Hagare? ungoyiki; ngokuba UTIXO
evile ilizwi lomfana apo akona. 18 Suka,
umfunqule umfana, umbambe ngesandhla
sako; ngokuba ndiya kumenza isizwe esi-
kulu. 19 Wandula UTIXO wavula amehlo
ake, wada wabona iqula lamanzi; waza
waya wazalisa intsuba ngamanzi, wamseza
umfana. 20 Waye UTIXO ebenaye umfana,
owakulayo, wahlala enklango, waba ngum-
toli. 21 Wahlala enklango ye-Parane;
wati unina wamtabatela umfazi ezweni le-
Jipete.

22 KWABEKUTE ngeloxesha ke, ba-
teta u-Abimeleki no-Fikoli inkosi yempi
yake ku-Abrahame, besiti: UTIXO unawe
kuko konke ukwenzayo. 23 Uze uti ka-
loku undifungele UTIXO apa, okokuba akuyi
kundixokisa mina, kwa nonyana wami,
nesalamane sami: njengobubele endenze
ngabo kuwe, uya kwenza kwa ngabo kumi,
nakulo ilizwe upambukele kona. 24 Wati
u-Abrahame: Ndiya kufunga. 25 Koko
u-Abrahame wamohlwaya u-Abimeleki
ngennxa yequla lamanzi, ezazite izicaka
zika-Abimeleki zalipanga. 26 Waza wati
u-Abimeleki: Bendingazi ungubanina owe-
nzileyo lento: kanjako nawe akundixele-
langa; andiyivanga nami kanjalo, kupela
namhla nje. 27 Waye u-Abrahame wa-
tabata izimvu nenkabi, wazinikela u-Abi-
meleki; baza balwenza ucebano bobabini.
28 Kodwa u-Abrahame wabeka zasixenxe
imvanakazi zasemhlambini zibe zodwa.
29 Ngako u-Abimeleki wati ku-Abrahame:
Ziti nina ezimvanakazi zosixenxe uzibeki-
leyo zodwa? 30 Wayesiti: Okokuba *ezi-
mvanakazi* zosixenxe uya kuzamkela esa-
ndhleni sami, ukuze zibe linqina kumi lo-
kuba ndilimbile iqula eli. 31 Ngako oko
kwabizwa londawo ngokuti yi-Bere-
sheba;* ngokuba kulapo bebefunga boba-
bini. 32 Benje njalo ke ukwenza ucebano
e-Beresheba. Wandula ukusuka u-Abime-
leki, no-Fikoli inkosi yempi yake, babuyela
ezweni lama-Filistiya.
33 Kekaloku *u-Abrahame* watyala umti
wetamariske e-Beresheba, wabiza kona
egameni LIKAYEHOVA, UTIXO ongunapakade.
34 Waye u-Abrahame wahlala njengo-
wasemzini elizweni lama-Filistiya imihla
yamininzi.

22 KWAYE kute emveni kwezizinto,
UTIXO walinga u-Abrahame, wati
kuye: Abrahame! Wati yena: Nanku,
ndi*lapa*. 2 Wayesiti: Zutabate unyana
wako, ukupela *kwomyana* wako, omta-
ndayo, u-Yisake, usuke uye elizweni le-
Moriya, umnikele kona abe lidini loku-
tshiswa, pezu kwennye yentaba endiya ku-
kutyela yona.
3 Waza u-Abrahame wavuka kwa ku-
sasa, wabopa iqwarasho lake, watabata
amabini kwamadodana ake aye naye, no-
Yisake unyana wake, wacanda inkuni ze-
dini lokutshiswa, wesuka, wahamba ukuya
endaweni abemtyele yona UTIXO. 4 Ngo-
wesitatu umhla wandul' ukupakamisa
u-Abrahame amehlo ake, wabona indawo
leyo ikude. 5 Waza wati u-Abrahame
kumadodana ake: Hlalani nina apa ne-
qwarasho; mina kodwa nomfana siya ku-
hambela paya, sibedeshe, sibuye size kuni.
6 Waye u-Abrahame etabata inkuni zedini
lokutshiswa wazibeka pezu kwo-Yisake
unyana wake; watabata esandhleni sake
umlilo nesitshetshe; baza bahamba boba-
bini kunye. 7 Wada watsho u-Yisake ku-
Abrahame uyise, wati: Bawo! Wati yena:
Nanku, ndi*lapa*, nyana wami! Wayesiti:
Nang' umlilo nenkuni, kanti itakane lo-
kwenza idini lokutshiswa lipina? 8 Wati
u-Abrahame: UTIXO wozibonela itakane
lokwenza idini lokutshiswa, nyana wami!
Baza bahamba bobabini kunye.
9 Bada bafika kulondawo ubemtyele
yona UTIXO; wayesaka kona u-Abrahame
isibingelo, wacwangcisa inkuni, wanxiba
u-Yisake unyana wake, wambeka esi-
bingelweni pezu kwenkuni. 10 Waza
u-Abrahame wolula isandhla sako, wata-
bata isitshetshe ukuba abulale unyana

* *Oko kukuti:* Liqula lesifungo.



University of Fort Hare

wake. 11 Yandula ukummemeza ingelosi
KAYEHOVA isezulwini, yati: Abrahame,
Abrahame! Wati yena: Nanku, ndi*lapa*.
12 Yayisiti: Ungoluli isandhla sako pezu
kwomfana, ungenzi 'nto kuye kanjalo;
ngokuba kaloku ndisazi ukuba uyamoyika
UTIXO, ungabambanga nje unyana wako,
ukupela *kwonyana* wako, kumi. 13 Waye
u-Abrahame wapakamisa amehlo ake, wa-
kangela; kekaloku nantsiya inkunzi yegu-
sha ngasemva ibanjisiwe eludadeni ngem-
pondo zayo: wasuka waya u-Abrahame
watabata lonkunzi yegusha, wayinikela
ibe lidini lokutshiswa esikundhleni so-
nyana wake.

14 Waza u-Abrahame wabiza igama la-
londawo ngokuti: UYEHOVA uya kubona!
njengokuba kusitwa nanamhla: Entabeni
KAYEHOVA kuya kubonwa!

15 Yandula ingelosi KAYEHOVA yameme-
za u-Abrahame ngokwesibini isezulwini,
16 yati: Ndizifungile, utsho UYEHOVA,
ngokokuba uyenzile lento, nokuba ungaba-
mbanga unyana wako, ukupela *kwonyana*
wako; 17 ndiya kugqitisa ukukutamsa-
nqela, ndikolise ukuyandisa nenzalo yako,
njengenkwenkwezi zezulu, nanjengenkla-
bati eselunxwemeni lwolwandhle; yaiya
kufuya inzalo yako isango lentshaba zayo;
18 kanjalo zoba netamsanqa ngenzalo yako
zonke izizwe zomhlaba; ngennxa yokuba
ulivile ilizwi lami.

19 Wada u-Abrahame wabuyela kuma-
dodana ake; asuka ke, kwaza kwayiwa
kunye e-Beresheba; wayo u-Abrahame
wahlala e-Beresheba.

20 KWAYE kute emveni kwezizinto,
kwashunyayelwa ku-Abrahame, ukuti:
Bona ke, u-Mileka uzele naye abantwana
ku-Nahore umkuluwe wako; 21 kwa u-
Hutse owamazibulo wake, no-Buze umni-
nawe wake, no-Kemuweli uyise ka-Arame,
22 no-Kesedi, no-Hazo, no-Piledashe, no-
Yidelafe, no-Betuweli: 23 (wati u-Betu-
weli wazala u-Rebeka:) aba 'basibozo
u-Mileka wabazala ku-Nahore, umkuluwe
ka-Abrahame. 24 Neshweshwe lake, eli-
gama lalingu-Rewuma, lazala nalo u-Teba,
no-Gahame, no-Tahashe, no-Mahaka.

23 Kekaloku ukuhlala kuka-Sara bekuyi-
minyaka ilikulu linamashumi mabini
anesixenxe; yiyo iminyaka yokuhlala kwa-
ke u-Sara. 2 Wada wafa u-Sara e-Kiriyate-
arba, ekwa yiyo i-Hebrone, elizweni
le-Kanane; waye u-Abrahame weza u-
kwenzela u-Sara isijwili, nokumlilela.

3 Waza wesuka u-Abrahame kwa sebu-
sweni bofileyo wake, wateta kulo usapo
luka-Hete, esiti: 4 Ndingowasemzini
nompambukeli kuni; ndinike imfuyo
yendawo yokunewabela kuni, ukuba ndi-
newabe ofileyo wami ebusweni bami.

5 Lwapendula usapo luka-Hete u-Abra-
hame, lusiti kuye: 6 Sipulapule, nkosi
yami! uyinkosi KATIXO wena pakati kwetu;
kwelidhluliseleyo emanewabeni etu mnewa-
be ofileyo wako; akuko namnye wakuti
eya kubamba kuwe inewaba lake, ukuba
ungamnewabi ofileyo wako.

7 Waza wesuka u-Abrahame, watoba
pantsi pambi kwabantu belizwe, pambi
kwosapo luka-Hete; 8 wateta nabo, esiti:
Ukuba ngumxèlo wenu, okokuba ndinewa-
be ofileyo wami ebusweni bami, ndipula-
puleni, ninditetelele ku-Hefrone unyana
ka-Tsohare, 9 ukuba andinike umqo-
lomba waso-Makapela, lowo anawo, osen-
ncameni yentsimi yake; ngemali ezalise-
kileyo uya kunditengisa wona, ube yimfuyo
yendawo yokunewaba pakati kwenu.

10 Kekaloku u-Hefrone ubuhleli pakati
kwosapo luka-Hete; waza u-Hefrone um-
Hete wampendula u-Abrahame, ezindhle-
beni zalo usapo luka-Hete, kwezabo bonke
abezayo esangweni lesixeko sake, esiti:
11 Hai, nkosi yami! ndipulapule ke:
intsimi ndiyayinika kuwe, nomqolomba
opakati kwayo ndiyawunika kuwe; kwa
semehlweni abo onyana babantu bami
ndiyawunika kuwe; newaba ofileyo wako.

12 Waza u-Abrahame watoba pantsi
ebusweni babantu belizwe; 13 wateta
ku-Hefrone, ezindhlebeni zabo abantu
belizwe, esiti: Koko ukuba *uya kutenga
ngawo*, uz' unge ungandipulapula; ndoku-
nikela intsimi imali; yitabate kumi, nda-
ndiya kunewaba ofileyo wami kwa lapo.

14 Waye u-Hefrone wampendula u-Abra-
hame, esiti kuye: 15 Nkosi yami! ndi-
pulapule ke: umhlaba *ulingana* namakulu
mane eshekele zesilivere; kuyinto nina
oko pakati kwami nawe? newaba kambe
ofileyo wako.

16 Wapulapula ke u-Abrahame ku-
Hefrone: waza u-Abrahame wayilingani-
sela ku-Hefrone isilivere, leyo ubetetile
ngayo ezindhlebeni zalo usapo luka-Hete,
imakulu mane eshekele zesilivere, isamke-
leka kumtengi. 17 Kwandu ukuqiniselwa



University of Fort Hare
Together in Excellence

intsimi ka-Hefrone, ebise-Makapela, ebi-
ngapambi kwe-Mamre, kwa intsimi, nom-
qolomba obupakati kwayo, nayo yonke
imiti ebisentsimini, ebikuyo yonke imida
yangakona, 18 ku-Abrahame ibe yimfu-
yo, emehlweni alo usapo luka-Hete, kwa-
wabo bonke abezayo esangweni lesixeko
sake.
19 Wati u-Abrahame emveni kwoku
wamncwaba u-Sara umfazi wake, emqolo-
mbeni wentsimi yase-Makapela, ngapambi
kwe-Mamre, ekwa yiyo i-Hebrone, elizwe-
ni le-Kanane. 20 Kwanjalo ke ukuqinise-
lwa kwentsimi leyo, nomqolomba obupa-
kati kwayo, ku-Abrahame, ibe yimfuyo
yendawo yokuncwaba, lusapo luka-Hete.

24 KEKALOKU u-Abrahame ebemdala,
ekolisile ukuba nemihla; waye
UYEHOVA ebemtamsanqele u-Abrahame
ngento zonke. 2 Waza wati u-Abrahame
kwisicaka sake, kwesidala sendhlu yake,
esibe sipata pezu kwako konke abenako:
Kaubeke isandhla sako ngapantsi kwetanga
lami; 3 ndize ndikufungise UYEHOVA,
UTIXO wezulu, NOTIXO womhlaba, okokuba
akuyi kumtabatela unyana wami umfazi
ezintombini zaba-Kanane, endihleli mina
pakati kwabo: 4 koko uya kuya elizweni
lakowetu, nakuso isalamane sami, umtaba-
tele unyana wami, u-Yisake, umfazi.
5 Sati isicaka kuye: Kungati inkazana
ayiyi kuvuma ukundilandela ukuza kwe-
lilizwe; kufanel' ukuba ndibuyise na u-
nyana wako aye kwelozwe wabupuma
kulo?
6 Wayesiti kuso u-Abrahame: Lumka
ke ukuba ungambuyiseli kona unyana wa-
mi. 7 UYEHOVA, UTIXO wezulu, owandisu-
sayo endhlwini kabawo, nasezweni lesala-
mane sami, owateta nami, owandifungela
nokundifungela ngokuti: Kwinzalo yako
ndiya kunika elilizwe; kwa lowo uya kutu-
ma ingelosi yake iye pambi kwako, uze
umtabatele unyana wami umfazi kwa kona.
8 Ukuba kodwa inkazana ayiyi kuvuma
ukuba ikulandele, woba msulwa kuso esi-
sifungiso sami; kupela ungabuyiseli kona
unyana wami. 9 Saza isicaka sabeka isa-
ndhla saso ngapantsi kwalo itanga lika-
Abrahame inkosi yaso, safunga kuye pezu
kwalomcimbi.
10 Saya isicaka satabata inkamela zali-
shumi kuzo inkamela zenkosi yaso, semka
ke; ngokuba yonke impahla yenkosi yaso
ibisesandhleni saso; sesuka semka ukuya
e-Mesopotami, esixekweni sika-Nahore.
11 Sada saziguqisa inkamela ngapandhle
kwesixeko, ngasequleni lamanzi, ngexe-
sha lokuhlwa, ngexesha abakeleli bapuma
ngalo.
12 Saye sisiti: YEHOVA, TIXO wenkosi
yami u-Abrahame! wanga ungandifuma-
nisa kwa namhla, wenzele inkosi yami
u-Abrahame ububele. 13 Nanku mina
ndimi ngasequleni lamanzi, nentombi za-
madoda asesixekweni zipuma ukuka ama-
nzi: 14 makekuti, intombi endiya kuti
kuyo: Kautobe umpanda wako, ndisele;
ize iti: Sela, nenkamela zako ndiya kuzi-
seza nazo; *maibe* yiyo uyabeleyo isicaka
sako u-Yisake; sendiya kukwazi ngako
ukuba wenzele inkosi yami ububele.
15 Kwaye kute, singekagqibi ukuteta,
nankuya u-Rebeka selepumile, (obezelwe
ku-Betuweli, unyana ka-Mileka, umfazi
ka-Nahore, umkuluwe ka-Abrahame,) e-
nompanda wake pezu kwegxalaba lake.
16 Kekaloku intombi leyo, ukubonakala
kwayo, ibinkle kakulu, iyintombi ipela,
kungeko 'ndoda ebiyazile, yaza yehlela
equleni, yazalisa umpanda wayo, yabuya
yenyuka. 17 Sasuka isicaka sabaleka
ukuya kuyikaulela, sati: Makendisele in-
twana yamanzi empandeni wako. 18 Ya-
isiti: Sela, nkosi yami! yandul' ukunxama,
yahlisa umpanda wayo pezu kwesandhla
sayo, yasiseza ke. 19 Kanjalo yakuba
igqibile ukusiseza, yati: Ndiya kukela
inkamela zako nazo, zide zigqibe ukusela.
20 Yanxama ke, yagalela umpanda wayo
emkombeni wokuseza, yabuya yabaleka
yaya equleni ukuka *amanzi*, yada yakela
zonke inkamela zaso. 21 Yaza indoda leyo
yayitela nqa isiti ewaka, ukunga ingaqo-
nda ukuba UYEHOVA utamsanqelekisile in-
dhlela yayo kusinina.
22 Kwabekute, xeshekweni inkamela
zigqibile ukusela, yandula londoda yata-
bata umsesane wempumlo wegolide, oli-
ngana nesiqingata seshekele ukuba nzima
kwawo, nezacolo zizibini zibe pezu kwe-
zandhla zayo, ezilingana ne*shekele* zilishumi
zegolide ukuba nzima kwazo; 23 yati:
Uyintombi kabanina wena? ndixelele ke:
iko na endhlwini kayihlo indawo ukuba si-
lalise *kona*? 24 Yaisiti kuyo: Ndiyintombi
ka-Betuweli, unyana ka-Mileka, lowo wam-
zalela u-Nahore. 25 Yalekela yati kuyo:
Kuko nennca nokutya okuninzi kuti, kwa



University of Fort Hare
Together in Excellence

nendawo yokulalisa. 26 Yaza londoda
yatoba ngapantsi, yambedesha UYEHOVA;
27 yati: Makabongwe UYEHOVA, UTIXO wen-
kosi yami u-Abrahame, ongashiyanga
ububele bake nennyaniso yake ukuba zi-
ngabi nayo inkosi yami; mina ke, ndisen-
dhleleni nje, undikapile UYEHOVA ukuza
endhlwini yabazalwana benkosi yami.
28 Yasuka yabaleka intombi leyo, ya-
shumayela endhlwini yonina eziziuto.
29 Wayenomkuluwe u-Rebeka, ogama li-
ngu-Labane; waza wabaleka u-Labane lo-
wo, waya endodeni ngapandhle, kwa
semtonjeni. 30 Kwaza kwati, nxa abonile
umsesane wempumlo, nezacolo pezu kwe-
zandhla zodade wake, nanxa avile amazwi
ka-Rebeka udade wake, esiti: Kunjalo
indoda yateta kumi; wandula weza endo-
deni, eyati, bona ke, yema ngasezinkame-
leni, ngasemtonjeni. 31 Wayesiti: Ngena,
wena utanyusanqelweyo NGUYEHOVA! ku-
nganina ukuba ume ngapandhle? ngokuba
ndise ndilungisile indhlu, kwa nendawo
yenkamela. 32 Yandula yangena indoda
leyo endhlwini: waza wakulula inkamela
zayo, wanika innca nokutya kwenkamela,
namanzi okuhlamba innyawo zayo, nen-
nyawo zamadoda abenayo. 33 Kwaza
kwabekwa pambi kwayo *into* yokudhla;
kuloko yati: Andiyi kutya, ndingekateti
ilizwi lami. Wayesiti: Teta.
34 Yaza yati: Ndisisicaka sika-Abraha-
me mina. 35 Kekaloku UYEHOVA uyita-
msanqele inkosi yami kakulu, ide yaba
nkulu yona; uyinikile izimvu, nenkomo,
nesilivere, negolide, nezicaka, nezicakakazi,
nenkamela, namaqwarashe. 36 Kanjalo u-
Sara, umfazi wenkosi yami, wazalela inkosi
yami unyana emveni kwokwalupala kwake;
lowo imnikile konke inako. 37 Yada ya-
ndifungisa inkosi yami, isiti: Akuyi kum-
tabatela unyana wami umfazi ezintombini
zaba-Kanane, endihleli mina elizweni labo;
38 koko uya kuya endhlwini kabawo nase-
salamaneni sami, umtabatele unyana wami
umfazi. 39 Ndaza ndati enkosini yami:
Kungati ayiyi kundilandela inkazana leyo.
40 Yandul' ukuti kumi: UYEHOVA, endiha-
mbile ebusweni bake, wotuma ingelosi
yake ukuya nawe, atamsanqelekise indhlela
yako; wauya kumtabatela unyana wami
umfazi esalamaneni sami nasendhlwini
kabawo. 41 Oko uya kuba msulwa kuso
isifungiso sami, nxa uzayo kwisalamane
sami; nokuba abaniki kuwe, woba msulwa
kuso isifungiso sami. 42 Kendeza namhla
emtonjeni, ndati: YEHOVA, TIXO wenkosi
yami u-Abrahame! ukuba kaloku uya
kutamsanqelekisa indhlela yami endihamba
ngayo; 43 nanku mina ndimi ngasemto-
njeni wamanzi; makekuti, intombi eya
kupuma ukuka *amanzi*, ndize nditi kuyo:
Kaundipe intwana yamanzi empandeni
wako, ndisele; 44 yandule iti kumi:
Sela wena, nenkamela zako ndozikela nazo;
*maibe* yiyo engumfazi amabeleyo unyana
wenkosi yami UYEHOVA. 45 Kekaloku
ndingekagqibi ukuteta enkliziyweni yami,
nanku u-Rebeka selepumile enompanda
wake pezu kwegxalaba lake; waya wehlela
emtonjeni, waka *amanzi*; ndaza ndati kuye:
Kaundipe ndisele. 46 Wasuka wanxama,
wahlisa umpanda wake kuye, wati: Sela,
nenkamela zako ndiya kuziseza nazo;
ndada ndasela, nenkamela waziseza nazo.
47 Ndaza ndambuza, ndati: Uyintombi
kabanina wena? Wayesiti: Ndiyintombi
ka-Betuweli, unyana ka-Nahore, lowo u-
Mileka wamzalela yena. Ndaza ndafaka
umsesane wempumlo empumlweni yake,
nezacolo ezandhleni zake. 48 Ndaye ndi-
toba ngapantsi, ndambedesha UYEHOVA,
ndambonga UYEHOVA, UTIXO wenkosi yami
u-Abrahame, obendikapile ngendhlela elu-
ngileyo ukuza kumtabatela unyana wake
intombi yomkuluwe wenkosi yami. 49 Ize
niti ngoku, ukuba niya kwenzela inkosi
yami ububele nennyaniso, nindixelele; no-
kuba aniyi kwenje njalo, ndixeleleni *noko*,
ndize ndibeke ngasekunene, umhlaumbi
ngasekohlo.
50 Baza bapendula u-Labane no-Betu-
weli, bati: Ivela KUYEHOVA indawo le;
sikohliwe kukuteta kuwe okukohlakeleyo
nokulungileyo. 51 Nanku u-Rebeka ese-
busweni bako; mtabate, uhambe; makabe
ngumfazi wonyana wenkosi yako, njengoko
akutetileyo UYEHOVA. 52 Kwaye kute,
sakuva isicaka sika-Abrahame amazwi abo,
sandu ukuziqubuda ngasemhlabeni pambi
KWOYEHOVA. 53 Saza isicaka sarola impa-
hla zesilivere, nempahla zegolide, nezivato,
sazinika ku-Rebeka; nezinto ezinqabileyo
sazinika kumkuluwe wake nakunina.
54 Baza batya basela nokusela, kwa
yena namadoda abenaye, balalisa *kona*;
kwasa bavuka, wati yena: Ndindululeni
ndiye enkosini yami. 55 Wayesiti umku-
luwe wake, nonina: Maihlale intombi
nati ibe yimihla *etile*, umhlaumbi ibe lishu-



versity of Fort Hare
Together in Excellence

mi; yoti kamva ihambe. 56 Wayesiti
kubo: Ningandibambezeli, UYEHOVA eyita-
msanqelekisile nje indhlela yami; nindi-
ndulule ndize ndiye enkosini yami. 57
Bati bona: Siya kubiza intombi, sibuze um-
lomo wayo. 58 Bandul' ukubiza u-Rebeka,
bati kuye: Uya kuhamba na nalendoda?
wati: Ndiya kuhamba. 59 Baza bandu-
lula u-Rebeka udade wabo, nomondhlikazi
wake, nesicaka sika-Abrahame, namadoda
aso. 60 Baye bemtamsanqela u-Rebeka,
bati kuye: Ungudade wetu wena; maube
*ngunina* wamawaka amawakawaka, nenzalo
yako maifuye isango labatiyi bayo!
61 Wesuka u-Rebeka nomtinjana wake,
bakwela ezinkameleni, bayilandela indo-
da: sati isicaka samtabata u-Rebeka, se-
mka ke. 62 Kekaloku u-Yisake weza
ngendhlela evela equleni le-Lahai-roi; ngo-
kuba ebemi elizweni lasesuyide. 63 Waye
u-Yisake epumile ukuya kutandaza endhle
kwakusondela ukuhlwa; waza wapakamisa
amehlo ake, wakangela, kekaloku nanziya
inkamela zisiza. 64 Kanjalo no-Rebeka
wapakamisa amehlo ake, owati, akumbona
u-Yisake, wahlika kuyo inkamela. 65 Wa-
yesiti kwisicaka: Ngubanina londoda
ihambayo endhle ukuza kusikaulela? Sati
isicaka: Yinkosi yami lo. Waza watabata
isigqubutelo, wazinameka. 66 Sandula
isicaka sambalisela u-Yisake zonke izinto
esibe sizenzile. 67 Wati u-Yisake wamsa
ententeni ka-Sara unina; waza wamzeka u-
Rebeka, waye yena waba ngumfazi wake;
wamtanda kanjalo. Wada watutuzeleka
u-Yisake emveni *kwokufa* kwonina.

25 WAYE u-Abrahame walekela uku-
zeka umfazi,* ogama lalingu-Ketura.
2 Owamzalela u-Zimrane, no-Yokeshane,
no-Medane, no-Midiyane, no-Shebaki, no-
Shuha. 3 Wati u-Yokeshane wazala u-
Sheba no-Dedane: nonyana baka-Dedane
bebengama-Ashuri, nama-Letushi, nama-
Lewumi. 4 Nonyana baka-Midiyane;
ngu-Hefa, no-Heferi, no-Hanoki, no-Abida,
no-Ledaha. Bonke aba bangonyana baka-
Ketura.
5 Waye u-Abrahame wamnika u-Yisake
konke abenako. 6 Kanti onyana bama-
shweshwe, abenawo u-Abrahame, waba-
nika u-Abrahame amabaso, wabandulula
kuye u-Yisake unyana wake, nxa asahleli,
ukuya ngapambili, ezweni langasecaleni
lipuma ilanga.

7 Yiyo le imihla yeminyaka yokuhlala
kuka-Abrahame wabehlala ngako, iminya-
ka ilikulu linamashumi asixenxe anamihla-
nu. 8 Wada wapuma umpefumlo u-Abra-
hame, wafa enobudala obukolisileyo,
elixego, ezele *yimihla*, wabutelwa ebantwini
bake. 9 Baza bamngcwaba u-Yisake no-
Shimayeli onyana bake, emqolombeni
wase-Makapela, entsimini ka-Hefrone,
unyana ka-Tsohare, um-Hete, engapambi
kwe-Mamre. 10 Intsimi owayitenga u-
Abrahame elusatsheni luka-Hete, kwa kona
apo kwanewatywa u-Abrahame, no-Sara
umfazi wake.
11 Kwaza kwati, emveni kwokufa kuka-
Abrahame, wandula UTIXO wamtamsanqela
u-Yisake unyana wake; waye u-Yisake
wahlala ngasequleni le-Lahai-roi.
12 Ezi ke zizizizukulwana zika-Shima-
yeli, unyana ka-Abrahame, lowo u-Hagare
um-Jipetekazi, ikobokakazi lika-Sara,
wamzalela u-Abrahame. 13 Nanga ama-
gama onyana baka-Shimayeli, ngamagama
abo njengokuzalwa kwabo: owamazibulo
ka-Shimayeli u-Nebayoti, no-Kedare, no-
Adebele, no-Mibisame, 14 no-Mishama,
no-Duma, no-Masa; 15 u-Hadade, no-Te-
ma; u-Jeture, u-Nafishe, no-Kedema.
16 Aba bangonyana baka-Shimayeli, anga-
lá namagama abo, ngemizi yabo, nangelali
zabo; inkosana ezilishumi linambini nje-
ngezizwe zazo. 17 Yiyo le iminyaka yo-
kuhlala kwake u-Shimayeli, iminyaka eli-
kulu linamashumi matatu anesixenxe;
waza wapuma umpefumlo, wafa, wabutelwa
ebantwini bake. 18 Bema kwa se-Havila
kude kwase-Shure, engapambi kwe-Jipete,
njengokuba kuyiwa e-Asiriya: wabubela
ebusweni babo bonke abazalwana bake.

19 EZI ke zizizizukulwana zika-Yisake,
unyana ka-Abrahame: u-Abrahame waza-
la u-Yisake. 20 Wabe u-Yisake eyiminya-
ka imashumi mane ubudala bake, akumze-
ka u-Rebeka, intombi ka-Betuweli um-Siriya
wase-Padane-arame, udade ka-Labane um-
Siriya, abe ngumfazi *wake*.
21 Wamana u-Yisake emkunga UYEHOVA
ngenxa yomfazi wake, ngokuba ebeludhlo-
lo; waza UYEHOVA wakungeleka kuye,
wada wamita u-Rebeka umfazi wake.
22 Kekaloku abantwana babambana embi-
lini wake; waza wati: Nxa kunjalo, ku-
nganina ukuba ndinje nje? Wasuka waya
kubuza KUYEHOVA. 23 Wayesiti UYEHOVA



University of Fort Hare

kuye : Zizibini izizwe ezisesizalweni sako ;
kanjalo zimbini *inhlobo* zabantu abaya kwa-
hluka ematunjini ako ; olunye *uhlobo* lwa-
bantu luya kugqitisa olunye *uhlobo* lwaba-
ntu ngamandhla : woti omkulu akonze
komncinane.
24 Kekaloku yakuzaliseka imihla yake
ukuba azale, nanga amawele esizalweni
sake. 25 Lapuma elokuqala libomvu, li-
njengengubo elixonti umzimba wonke ;
baza balibiza ngegama elingu-Esau. 26
Kamva wapuma umninawe walo, osandhla
sake sabamba isitende sika-Esau ; kwaza
kwabizwa igama lake ngo-Yakobi. Waye
u-Yisake ebeyiminyaka imashumi mata-
ndatu ubudala bake, akubazala.
27 Ada akula amakwenkwe lawo ; waza
u-Esau waba yindoda eyazana nokuzingela,
indoda yasendhle ; kanti u-Yakobi ebeyin-
doda efaneleyo, imi ezintenteni. 28 Ute
u-Yisake wamtanda u-Esau, ngokuba in-
nyama yennyamakazi ibisemlonyeni wake ;
kodwa u-Rebeka wamtanda u-Yakobi.
29 Kekaloku u-Yakobi ebepekile umhlu-
zi ; wandula ukuza u-Esau evela endhle,
waye ecubukile. 30 Waza wati u-Esau ku-
Yakobi : Kaundidhlise kuko okubomvu,
okubomvu oko, ngokuba ndicubukile : be-
kukona kwabizwa igama lake ngo-Edome.*
31 Wati u-Yakobi : Nditengise namhla
nje ubuzibulo bako. 32 Wati u-Esau :
Bona ke, ndiza mina kububa nje, kwondi-
nceda 'nto nina obubuzibulo ? 33 Wayesiti
u-Yakobi : Ndifungele namhla nje ! Wasuka
wamfungela ; waza wamtengisa u-Yakobi
ubuzibulo bake. 34 Wandula u-Yakobi
wamnika u-Esau isonka nomhluzi welen-
tile ; owatya, wasela, wesuka, wemka ke :
wenje njalo u-Esau ukudela ubuzibulo.

26 KWAYE kuko indhlala kwelozwe,
ngapandhle kweyokuqala indhlala,
ebiko semihleni ka-Abrahame. Ngako u-
Yisake waya ku-Abimeleki, ukumkani
wama-Filistiya, e-Gerari.
2 Waza UYEHOVA wabonakala kuye, wati :
Ungehli ukuya e-Jipete ; hlala elizweni
endiya kukuxelela lona. 3 Hlala njengo-
wasemzini kwelilizwe, ndizo ndibe nawe,
ndikutamsanqele : ngokuba kwa kuwe,
nakwinzalo yako, ndiya kunika onke la-
mazwe ; nesifungo endandifunga ngaso
ku-Abrahame uyihlo ndiya kusimisa.
4 Ndandiya kwandisa inzalo yako njengen-
kwenkwezi zezulu, ndinike nokunika
kwinzalo yako onke lamazwe : zoda zita-
nyusanqeliswe ngayo inzalo yako zonke
izizwe zomhlaba ; 5 ngennxa yokuba epu-
lapule u-Abrahame ilizwi lami, wagcina
ingxelo yami, imiyalelo yami, imimiso
yami, nemiteto yami.
6 Kwa njalo wahlala u-Yisake e-Gerari.
7 Aza amadoda alondawo ambuza ngom-
fazi wake ; wayesiti : Ngudade wami
yena ; ngokuba ebesoyika ukuti : Ngumfazi
wami ; hleze ati amadoda alondawo, *watsho*,
andibulale pezu kwo-Rebeka ; ngokuba ye-
na ebemhle ukubonakala kwake. 8 Kwa-
bekute, nxa abesel' elenzile ixesha elide
kona, wakangela pandhle u-Abimeleki,
ukumkani wama-Filistiya, ngefenstile, wa-
bona, kekaloku, nankuya u-Yisake edhlala
no-Rebeka umfazi wake. 9 Waza u-Abi-
meleki wambiza u-Yisake, wati : Ngennya-
niso, bona ke, ungumfazi wako yena ! be-
kuyinina ngoko ukuba wabusitsho ukuti :
Ngudade wami ? Waye u-Yisake esiti
kuye : Ngokuba bendisiti : Hleze ndiya
kufa ngennxa yake. 10 Wati u-Abime-
leki : Yinto nina le uyenzileyo kuti ? anga
ebeke omnye ebantwini walala nomfazi
wako, waza wena wasingenisa etyaleni.
11 Wandula u-Abimeleki wabayala abantu
bonke, esiti : Ocukumisayo lendoda nom-
fazi wayo uya kubulawa ngennyaniso.
12 Waza wahlwayela u-Yisake elizweni
elo, wazuza kwa ngalonyaka amanani ange
kulu ; ngokuba UYEHOVA ebemtamsanqela.
13 Yaye indoda leyo yaba 'nkulu, yamana
ukwanda ebukulwini, yada yaba 'nkulu ka-
kulu. 14 Ngokuba ibinayo imfuyo yezim-
vu, nemfuyo yenkomo, nento enninzi ye-
zicaka ; aza ama-Filistiya aba nomona nga-
kuyo. 15 Ngokuba onke amaqula ezibe
ziwembile izicaka zoyise, emihleni ka-
Abrahame uyise, ama-Filistiya awavingca,
awadibelela ngomhlaba kanjalo. 16 Waza
u-Abimeleki wati kuye u-Yisake : Uz'
umke kuti ; ngokuba usigqitisile ngama-
ndhla kakulu.
17 Wandula u-Yisake wemka apo, wa-
misa intente yake entilini yase-Gerari,
wahlala kona. 18 Wabuya u-Yisake we-
mba amaqula amanzi, ababewembile emi-
hleni ka-Abrahame uyise ; ngokuba ama-
Filistiya ebewavingcile emveni kwokufa
kuka-Abrahame ; wayebiza amagama awo
ngamagama lawo ubewabizile ngawo uyise.

* *Oko kukuti :* Okubomvu.



University of Fort Hare

19 Zaza izicaka zika-Yisake zemba enti-
lini leyo, zafumana kona iqula lamanzi
apilileyo. 20 Basuka abalusi base-Gerari
bapikisana nabo abalusi baka-Yisake, be-
siti: Ngawetu lamanzi! ngako wabiza
igama lequla elo nge-Heseke,* ngokokuba
bebepikile naye. 21 Baza balimba elinye
iqula, bapikisana napezu kwelo; ngako
wabiza igama lalo nge-Sitena.† 22 Wada
wafuduka kona, walimba elinye iqula; elo
abapikisana pezu kwalo; ngako wabiza
igama lalo nge-Rehobote,‡ wati: Ngokuba
kaloku UYEHOVA esenzele indawo, size si-
cume kwelilizwe.

23 Wada wenyuka kona waya e-Bere-
sheba. 24 Waye UYEHOVA wabonakala
kuye kwa ngobobusuku, wati: Mina ndi-
NGUTIXO ka-Abrahame uyihlo wako; ungo-
yiki, ngokuba ndinawe; ndandiya kutamsa-
nqela wena, ndiyandise nokuyandisa inzalo
yako, ngenxa ka-Abrahame isicaka sami.
25 Waza waka apo isibingelo, wabiza ega-
meni LIKAYEHOVA; wayemisa nentente yake
kona: zati izicaka zika-Yisake zalimba ko-
na iqula.

26 Wasuka u-Abimeleki waya kuye e-
vela e-Gerari, kwa no-Hazute umhlobo
wake, no-Fikoli inkosi yempi yake. 27 Wa-
yesiti kubo u-Yisake: Nizele nina nisi-
za kumi, nxa ninditiyileyo, nandindulula
kumi? 28 Bati bona: Sabona okunene
ukuba UYEHOVA unawe: sasisiti ngoko:
Makekubeko isifungo pakati kwetu, pa-
kati kwetu nawe; size silwenze uceba-
no nawe; 29 lwokokuba akuyi kuse-
nza into ekohlakeleyo, njengokuba nati
singakupatanga *kakubi*, nanjengokuba si-
kwenzile wena oko kulungileyo kupela,
sada sakundulula ngoxolo. Wena kaloku
utanyusanqelwe NGUYEHOVA. 30 Waza wa-
benzela isidhlo, batya basela nokusela.
31 Baye bevuka kusasa, bafungelana; wa-
ndula u-Yisake wabandulula, baza bemka
kuye ngoxolo.

32 Kwati ke kwa ngalommini, zafika
izicaka zika-Yisake, zashumayela kuye
ngendawo yequla ezibe zilimbile, zati kuye:
Sifumene amanzi. 33 Waza walibiza nge-
gama eliyi-Sheba;§ ngako oko igama leso-
sixeko liyi-Beresheba‖ kude kwanamhla.
34 Kekaloku u-Esau ebeyiminyaka ima-
shumi mane ubudala bake, waza wamzeka
abe ngumfazi u-Judite, intombi ka-Beri um-
Hete, kwa no-Basemate, intombi ka-Eloni
um-Hete: 35 abati bona baba buburamu
bompefumlo ku-Yisake naku-Rebeka.

27 KWAYE kute, nxa abesel' emdala u-
Yisake, namehlo ake ebeluzizi nje,
wada wakohlwa 'kubona, wandula wam-
biza u-Esau, unyana wake omkulu, wati
kuye: Nyana wami! Wayesiti kuye: Na-
nku, ndi*lapa*. 2 Waza wati: Bona ke,
sendimdala, ndingazi nje immini yokufa
kwami. 3 Uze uti kaloku, utabate izi-
xòbo zako, umpongolo wako nesipeta sako,
upumele endhle, undizingelele innyama
yennyamakazi; 4 wandule ukundenzela
ukutya okumnandi, okunjengoko ndikuta-
ndayo, ukuzise kumi, ukuba nditye; ukuze
umpefumlo wami ukutamsanqele, ndingo-
kafi. 5 Kekaloku u-Rebeka wabesiva, aku-
teta u-Yisake ku-Esau unyana wake.
Wasuka u-Esau waya endhle ukuba azi-
ngele innyama yennyamakazi, ayizise.

6 Waza u-Rebeka wateta ku-Yakobi
unyana wake, esiti: Bona ke, ndeva uyihlo
wako eteta ku-Esau umkuluwe wako, esiti:
7 Ndizisele innyama yennyamakazi, unde-
nzele ukutya okumnandi, ukuba nditye,
ndize ndikutamsanqele ebusweni BUKAYE-
HOVA, ndingekafi. 8 Uze uti kaloku, nyana
wami! ulipulapule ilizwi lami ngoko ndi-
kuyalela ngako. 9 Kauhambe ke uye
emhlambini, undizekele kwa kona abe
mabini amatakane ebokwe alungileyo; nda-
ndiya kwenzela uyihlo ngawo ukutya oku-
mnandi, okunjengoko akutandayo: 10 wa-
ndule wena ukuzise kuye uyihlo, ukuba
atye, ukuze akutamsanqele engekafi.

11 Waza wati u-Yakobi ku-Rebeka uni-
na: Bona ke, u-Esau umkuluwe wami
uyindoda elixonti, kanti mina ndiyindoda
egudileyo: 12 angati ubawo wondicofa,
ndandiya kuba semehlweni ako njengom-
kohlisi: ngendisandul' ukuzisa pezu kwa-
mi isiqalekiso, ndingazisi itamsanqeliso.
13 Wayesiti unina kuye: Sibe pezu kwami
isiqalekiswa sako, nyana wami! pulapula
kodwa elizwini lami, uye undizekele *wona*.
14 Waya ke, wawazeka, wawazisa kunina;
waza unina wenza ukutya okumnandi,
okunjengoko wakutandayo uyise.

15 Wandula u-Rebeka watabata ingubo
zika-Esau, unyana wake omkulu, ezo zinqa-
bileyo, ezibe zikuye endhlwini, wamvatisa

* *Oko kukuti:* Ipike. † *Oko kukuti:* Ubutshaba.
‡ *Oko kukuti:* Indawo ebanzi.
§ *Oko kukuti:* Sisifungo.
‖ *Oko kukuti:* Liqula lesifungo.



University of Fort Hare

u-Yakobi, unyana wake omncinane, *ngazo:*
16 nezintsu zamatakane ebokwe wazifaka
pezu kwezandhla zake, napezu kwokugunda
kwentamo yake: 17 waza wanika ukutya
okumnandi, nesonka, *ezonto* abezenzile, esa-
ndhleni sika-Yakobi unyana wake.
18 Wasuka weza kuyise, wati: Bawo!
Wayesiti yena: Nanku, ndi*lapa;* unguba-
nina wena, nyana wami? 19 Wati u-Ya-
kobi kuyise: Ndingu-Esau, owamazibulo
wako; sendenzile njengoko ubundixelela
kona; kauvuke, uhlale, utye kwinnyama
yami yennyamakazi, ukuze umpefumlo
wako unditamsanqele. 20 Waza wati u-
Yisake kunyana wake: Yinina lento, unxa-
mile kangaka nje ukuyifumana, nyana
wami? Wayesiti: Kungokuba UYEHOVA,
UTIXO wako, eyifumananisene nami. 21 Wa-
za u-Yisake wati ku-Yakobi: Kausondele,
ukuze ndikucofe, nyana wami! ukuba
ukwa nguye unyana wami u-Esau kusinina.
22 Waya u-Yakobi wasondela ku-Yisake
uyise, owamcofa, wati: Ilizwi lilizwi lika-
Yakobi, kanti izandhla zizandhla zika-Esau.
23 Waye engamnakani, ngokuba izandhla
zake zilixonti, njengezandhla zika-Esau
umkuluwe wake; wada wamtamsanqela.
24 Wayesiti: Ukwa nguye na unyana
wami u-Esau? Wati: Ndinguye. 25 Wa-
za wati: Yisondeze kumi, ukuba nditye
kwinnyama yennyamakazi yonyana wami,
ukuze umpefumlo wami ukutamsanqele.
Waza wayisondeza kuye, watya ke; wam-
zisela neveyine, wasela ke. 26 Waye
u-Yisake uyise wati kuye: Kausondele,
uze undange, nyana wami! 27 Wasondela
ke, wamanga: waza wasezela ivumba len-
gubo zake, wamtamsanqela, wati: Bona
ke, ivumba lonyana wami linjengevumba
lentsimi, ayitamsanqele UYEHOVA: 28 wa-
nga UTIXO akunike kuwo umbete wezulu,
nakuko ukutyeba kwomhlaba, nento enni-
nzi yennqolowa neveyine: 29 abantu
mabakonze kuwe, nezizwe mazitobe pantsi
pambi kwako: yiba yinkosi pezu kwaba-
zalwana bako, nonyana bonyoko mabatobe
pantsi kuwe: lowo okuqalekisayo, maka-
qalekiswe yena; nalowo okutamsanqelayo,
makatanyusanqelwe naye!
30 Kwaye kute, okuya abegqibile u-
Yisake ukutamsanqela u-Yakobi, cebetshu
epumile nje u-Yakobi ebusweni buka-Yi-
sake uyise, wandula ukufika u-Esau, um-
kuluwe wake, evela ekuzingeleni kwake.
31 Waye naye ekwenzile ukutya oku-
25
mnandi, wakuzisa kuyise, wati kuye uyise:
Makavuke ubawo, atye kwinnyama yen-
nyamakazi yonyana wake, ukuze umpe-
fumlo wako unditamsanqele. 32 Wati u-
Yisake uyise kuye: Ungubanina wena?
Wati: Ndingunyana wako, owamazibulo
wako, u-Esau. 33 Waza wangcangcazela
u-Yisake ngokungcangcazela okukulu ka-
kulu, wati: Ngubanina ke lowo ozinge-
leyo innyama yennyamakazi, wayizisa ku-
mi, ndadla ndatya kuko konke, ungekafiki
wena, ndamtamsanqela ke? woba etanyu-
sanqelwa kanjako. 34 Akuba u-Esau
evile amazwi oyise, wandula ukukala ka-
kulu ngesikulu nesirara isikalo, wati
kuyise: Nditamsanqele mina nami, bawo!
35 Wayesiti: Umninawe wako weza ngo-
buqokolo, waesusile itamsanqeliswa lako.
36 Waza wati: Asi ngennene na ukuba
kubiziwe igama lake ngo-Yakobi,* endilu-
nkisile lamaxesha mabini nje? ubuzibulo
bami wandihluta bona, nanku ke kaloku
endihlutile itamsanqeliswa lami. Waza
wati: Akundibambelanga nalinye itamsa-
nqeliso na?
37 Wapendula u-Yisake wati ku-Esau:
Bona ke, ndimmisele abe yinkosi kuwe,
nabo bonke abazalwana bake ndibanikile
kuye babe zizicaka; ndimxasile ngennqo-
lowa nangeveyine kanjalo: yinto nina ke ka-
loku endiya kuyenzela wena, nyana wami?
38 Wayesiti u-Esau kuyise: Litamsa-
nqeliso linye *kupela* unalo na, bawo? ndi-
tamsanqele mina nami, bawo! Waza u-
Esau wapakamisa ilizwi lake, walila. 39
Wabuya wapendula u-Yisake uyise wati
kuye: Bona ke, kwa sekutyebeni kwom-
hlaba kwoba yindawo yokuhlala kwako,
nasembeteni wezulu uvela pezulu: 40
ngesirele sako uya kupila, nomninawe
wako uya kumkonza; kanti kuya kuti,
nxa unobukosi, uya kwandula ushunqule
iyokwe yake entanyeni yako.

41 KEKALOKU u-Esau wamzonda u-
Yakobi ngennxa yetamsanqeliso abemta-
msanqelisile ngalo uyise; wati ngoko u-Esau
enkliziyweni yake: Iza kusondela imihla
yokulilela ubawo, endiya kumbulala u-
Yakobi umninawe wami ngayo.
42 Avakala ku-Rebeka lamazwi ka-
Esau, unyana wake omkulu, waza watuma
wambiza u-Yakobi, unyana wake omnci-

* *Oko kukuti:* Umlumkisi.

University of Fort Hare

nane, wati kuye: Bona ke, u-Esau umku-
luwe wako uyazitutuzela pezu kwako,
ukuba wokubulala. 43 Uze uti kaloku,
nyana wami! upulapule ilizwi lami, usuke
usabele ku-Labane umkuluwe wami e-
Karane; 44 uze uhlale naye ibe yimihla
etile, bude bujike uburalarume bomkuluwe
wako; 45 ude umsindo womkuluwe wako
upambuke kuwe, aze alibale oko ukwe-
nzile kuye: ndandiya kwandula ukutuma,
ndikutabate kona; kunganina ukuba ndi-
nihlutwe nobabini ngemini 'nnye?
46 Waza wati u-Rebeka ku-Yisake:
Ndiyatiya ubomi bami ngennxa yento-
mbi zakwa-Hete. Ukuba u-Yakobi uya-
zeka umfazi ezintombini zakwa-Hete,
kwezinjengezi, ezintombini zakwelilizwe,
bondinceda 'nto nina ubomi bami?

28 Wandula u-Yisake wambiza u-Yakobi,
wamtamsanqela, wamyalela, wati
kuye: Uze ungazeki umfazi ezintombini
zase-Kanane. 2 Suka, uye e-Padane-arame,
endhlwini ka-Betuweli uyise kanyoko;
ude uzeke kona apo umfazi ezintombini
zika-Labane umkuluwe wonyoko. 3 Wanga
UTIXO onamandhla onke angakutamsanqela,
akucumise, akwandise nokukwandisa, uku-
ba ube ngumhlambi wabantu: 4 ati kanjalo
akunike itamsanqa lika-Abrahame, kwa
wena, nenzalo yako kunye nawe, ukuze
ulidhle ilifa lalo ilizwe lokupambukela
kwako, elona walinika UTIXO ku-Abrahame.
5 Wenje njalo u-Yisake ukumndulula u-Ya-
kobi; wasuka waya e-Padane-arame, ku-
Labane, unyana ka-Betuweli um-Siriya,
umkuluwe ka-Rebeka, oka-Yakobi noka-
Esau unina.
6 Kekaloku u-Esau akubona okokuba u-
Yisake umtamsanqele u-Yakobi, nokuba
wamndulula ukuya e-Padane-arame, u-
kuze azeke kona umfazi; nokuba ute,
ekumtamsanqeleni kwake, wamyalela ngo-
kuti: Ungazeki umfazi ezintombini zase-
Kanane; 7 nokuba u-Yakobi wapulapu-
la uyise nonina, waya e-Padane-arame;
8 akubona u-Esau kanjalo okokuba intombi
zase-Kanane azilungile emehlweni ka-
Yisake uyise; 9 wandula waya u-Esau
ku-Shimayeli, wazeka u-Mahalate, intombi
ka-Shimayeli, unyana ka-Abrahame, udade
ka-Nebayoti, ngapezu kwabafazi abesel'
enabo, abe ngumfazi *wake*.
10 Wayepuma u-Yakobi e-Beresheba,
waya ngase-Karane. 11 Wada wafika
endaweni etile, walalisa kona, ilanga lise
litshonile nje; waza watabata ematyeni
alondawo, wabekela umqamelelo wake,
walala ubutongo kwa kulondawo. 12 Wa-
pupa ke; kekaloku nantsiya into yokukwe-
la imisiwe emhlabeni, enncame yayo yafi-
kelela ezulwini; nanziya nengelosi ZIKATI-
XO zinyuka zisihla nokuhla ngayo. 13 Ka-
njalo, bona ke, UYEHOVA wema pezu kwayo,
wati: Mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO ka-Abra-
hame uyihlo wako, NOTIXO ka-Yisake: eli-
lizwe ulele ubutongo pezu kwalo, ndo-
linika kuwe, nakuyo inzalo yako; 14 iti
inzalo yako ibe njengotuli lwomhlaba; wa-
uya kwanda ngasentshonalanga, nangasem-
pumalanga, nangasenode, nangasesuyide:
zaziya kutanyusanqelwa ngawe zonke izi-
zalwane zomhlaba, nangayo inzalo yako.
15 Kanjalo, bona ke, ndinawe, ndandiya
kukugcina apo usukuba usiya kona, ndi-
ze ndikubuyisele kwa kwelilizwe; ngoku-
ba ndingayi kukushiya, ndingekakwenza-
nga oko ndikutetile kuwe.
16 Waye u-Yakobi evuka ebutongweni
bake, wati: Okwennene uko UYEHOVA ku-
lendawo, ndingazanga njo mina. 17 Wa-
besoyika, wati: Hai ukwoyikeka kwale-
ndawo! Le asi nokuba yindhlu KATIXO:
kanjalo le lisango lezulu.
18 Waza u-Yakobi wavuka kusasa, wata-
bata ilitye abelibekele umqamelelo wake,
walimisa libe sisimo sokukumbuza, waga-
lela ioli pezu kwenncame yalo. 19 Waye-
biza igama lalondawo nge-Betele;* kodwa
beliyi-Luze igama lesixeko eso ekuqaleni.
20 Waza u-Yakobi wasenza isibambiso,
esiti: Nxa UTIXO aya kuba nami, andigcine
kulendhlela ndihamba ngayo, andinike
isonka sokutya nengubo yokwambata;
21 ndide ndibuye ndize ngoxolo endhlwini
kabawo: uya kwandula UYEHOVA abe
NGUTIXO wami; 22 nelitye eli, endilimisi-
leyo libe sisimo sokukumbuza, loba yin-
dhlu KATIXO; nako konke uya kundipa
kona, ndomana ndinika isishumi sako kuwe.

29 WASUSA innyawo zake u-Yakobi,
wahambela elizweni labantu basem-
pumalanga. 2 Waza wakangela, keka-
loku naliya iqula endhle; kanjalo, nantsiya
kona imihlambi emitatu yezimvu zite butu
ngakulo; ngokuba kwa kulo iqula elo
bekusezwa imihlambi; nelitye elikulu
lalipezu kwomlomo wequla. 3 Kwaye

* *Oko kukuti:* Indhlu KATIXO.



University of Fort Hare

kuhlanganiselwa kona yonke imihlambi ;
kwaza kwaqengqwa ilitye emlonyeni wequ-
la, kwasezwa izimvu ; kwandul' ukubuyi-
swa ilitye pezu kwomlomo endaweni yalo.
4 Wayesiti u-Yakobi kubo : Bazalwana
bami ! nivela pina ? Bati bona : Sivela tina
e-Karane. 5 Wati kubo kanjalo : Niyam-
azi na u-Labane unyana ka-Nahore ? Bati :
Siyamazi. 6 Waza wati kubo : Upilile
na ? Bati : Upilile ; kanjako nanku u-Rakele
intombi yake esiza nazo izimvu. 7 Waye-
siti : Bona ke, immini isenkulu ; asi lixe-
sha lokuhlanganiswa kwenkomo ; zisezeni
izimvu, nize niye ukwalusa. 8 Baza bati :
Sikohliwe *kukwenje njalo*, kude kuhlangani-
swe yonke imihlambi, na*kude* kuqengqwe
ilitye emlonyeni wequla ; sandule siseze
izimvu.

9 Kwa esateta nabo, u-Rakele weza
nezimvu zoyise ; ngokuba ebengumalusika-
zi yena. 10 Kwaza kwati, xeshekweni u-
Yakobi wambona u-Rakele, intombi ka-
Labane umkuluwe wonina, nezimvu zika-
Labane umkuluwe wonina, wandula
ukusondela u-Yakobi, waqengqa ilitye
emlonyeni wequla, waseza izimvu zika-
Labane umkuluwe wonina. 11 Waye
u-Yakobi wamanga u-Rakele, wapakamisa
ilizwi lake, walila. 12 Waza u-Yakobi
wamxelela u-Rakele ukuba ungumalamane
kayise, nokuba ungunyana ka-Rebeka.
Wagidima ke, waxela kuyise. 13 Kwaye
kute, akuba u-Labane evile indaba zika-
Yabobi, unyana wodade wake, wandula
wabaleka ukuya kumkaulela, wamsingata,
wamanga, wamzisa endhlwini yake. Wa-
za wabalisela u-Labane zonke ezizinto.
14 Wayesiti u-Labane kuye : Okwennya-
niso ulitambo lami nennyama yami.
Waza wahlala naye ixesha lennyanga 'nnye.

15 Wada wati u-Labane ku-Yakobi :
Ukuba ungumalamane wami, unge undiko-
nza ngoko na ngesisa ? ndixelele, woba
yinto nina umvuzo wako ? 16 Kekaloku
u-Labane ebenentombi zimbini : igama
lenkulu ngu-Leya ; igama lenncinane ngu-
Rakele. 17 U-Leya amehlo ake abeta-
mbile ; kanti u-Rakele ubemhle isimilo
sake, wamhle nokubonakala kwake kana-
njalo. 18 Waye u-Yakobi emtanda u-
Rakele ; wati ngoko : Ndiya kukukonza
iminyaka ibe 'sixenxe, ngennxa ka-Rakele
intombi yako enncinane. 19 Waza wati
u-Labane : Kulungile ukuba ndimnike
kuwe, pezu kwokuba ndimnike kwennye
indoda ; hlala nami. 20 Wandula u-Yakobi
wakonza iminyaka yasixenxe ngennxa ka-
Rakele ; eyaba semehlweni ake njenge-
mihla emincinane, ngokumtanda kwake.

21 Waza u-Yakobi wati ku-Labane :
Ndinike umfazi wami, ngokuba isel' izali-
sekile imihla yami, ukuze ndingene kuye.
22 Wandula u-Labane ukuhlanganisa onke
amadoda alondawo, wawenza umtshato.
23 Kwaye kute ngokuhlwa, watabata u-
Leya intombi yake, wamzisa kuye ; waza
wangena kuye. 24 Waye u-Labane wani-
ka kuye u-Zilipa ikobokakazi lake, kwa
kuye u-Leya intombi yake, *abe* likoboka-
kazi. 25 Kwaza kwati, kwakusa, nanku
u-Leya. Wati ngoko ku-Labane : Yinto
nina le uyenzileyo kumi ? asi nguye u-
Rakele endibe ndikukonza ngennxa yake
yinina ? kunganina ke ukuba undibuku-
qile ? 26 Wayesiti u-Labane : Akwenzeki
njalo kulendawo yakowetu, ukuba kwendi-
swe enncinane pambili kweyamazibulo.
27 Zalisekisa iveki yalé, sasiya kwandula
sikunike yona nayo, ngokukonza uya ku-
konza ngako kumi ibe iseyimbi iminyaka
esixenxe.

28 Wenza u-Yakobi kwa ngokunjalo,
wazalisekisa iveki yalé. Waza wamnika
no-Rakele, intombi yake, abe ngumfazi
wake. 29 Waye u-Labane wanika ku-
Rakele intombi yake u-Bileha ikobokakazi
lake, abe likobokakazi kuye. 30 Wada
wangena nakuye u-Rakele, wamtanda u-
Rakele ngapezu kwake u-Leya kanjalo ;
waza wakonza kuye yaiseyimbi iminyaka
esixenze.

31 Kekaloku akubona UYEHOVA ukuba
u-Leya uyatiywa, wandula wavula isizalo
sake ; koko u-Rakele ebeludhlolo. 32 Wa-
za wamita u-Leya, wazala unyana, wambi-
za ngegama elingu-Rubene ;* ngokuba
ebesiti : Ngennyaniso UYEHOVA ukangele
imbandezelwa yami ; kukona kaloku iya
kunditanda indoda yami. 33 Wabuya
wamita, wazala unyana ; wati : Ngokokuba
UYEHOVA evile ukuba ndiyatiywa, undini-
kile ngoko ke naló ; waza wambiza nge-
gama elingu-Simone.† 34 Wabuya wami-
ta, wazala unyana ; wati : Kaloku njo
indoda yami yozibandakanyela kumi, ngo-
kokuba ndimzalele onyana batatu ; ngako
wambiza ngegama elingu-Levi. ‡ 35 Wa-

* *Oko kukuti :* Bonani unyana.
† *Oko kukuti :* Ukuva.
‡ *Oko kukuti :* Ukubandakanya.



University of Fort Hare

buya wamita, wazala unyana; wati:
Kaloku ndiya kudumisa UYEHOVA; ngako
wambiza ngegama elingu-Juda.* Waza
wati nqumama ekuzaleni.
30 Kekaloku akubona u-Rakele ukuba
akazali abantwana ku-Yakobi, wa-
ndula u-Rakele waba nomona ngakuye udade
wake; wayesiti ku-Yakobi: Ndinike aba-
ntwana; okanye ndiya kufa. 2 Waza wa-
vuta umsindo ka-Yakobi ngakuye u-Rakele,
wati: Sendisesikundhleni SIKATIXO na, osi-
bambileyo kuwe isixakato sesizalo? 3 Wa-
yesiti: Nali ikobokakazi lami u-Bileha, nge-
na kuye; waeya kuzala pezu kwamadolo
ami, ndize ndizuze abantwana nami ngaye.
4 Waza wamnika u-Bileha ikobokakazi lake
abe ngumfazi; waye u-Yakobi wangena
kuye. 5 Wada wamita u-Bileha, wazalela
u-Yakobi unyana. 6 Waza wati u-Rakele:
UTIXO undigwebele, ulivile ilizwi lami
kanjalo, wandinika unyana; ngako oko
wambiza ngegama elingu-Dane.† 7 Wa-
buya wamita u-Bileha, ikobokakazi lika-
Rakele, wamzalela u-Yakobi unyana
wesibini. 8 Waza wati u-Rakele: Ngo-
kuzamana okukulu ndizamene nodade
wami, ndeyisile kanjalo; ngako wambiza
ngegama elingu-Nefatali.‡
9 Kekaloku akubona u-Leya ukuba ute
nqumama ekuzaleni, wandula watabata
ikobokakazi lake u-Zilipa, wamnika ku-
Yakobi abe ngumfazi. 10 Wada u-Zilipa,
ikobokakazi lika-Leya, wazalela u-Yakobi
unyana. 11 Waza wati u-Leya: Liyeza
iqela! ngako wambiza ngegama elingu-
Gadi.§ 12 Waye u-Zilipa, ikobokakazi
lika-Leya, wamzalela u-Yakobi unyana
wesibini. 13 Waza wati u-Leya: Ndine-
tamsanqa! ngokuba intombi ziya kundibiza
ngonetamsanqa; ngako wambiza ngegama
elingu-Ashere.‖
14 Wabe u-Rubene esiya emihleni yo-
kuvunwa kwennqolowa, wafumana idudai
endhle, weza nazo ku-Leya unina. Waza
wati u-Rakele ku-Leya: Zundipe kuzo
idudai zonyana wako. 15 Wayesiti kuye:
Kuyinto encinane na ukuyisusa kwako
indoda yami, okokuba uya kususa idudai
zonyana wami nazo? Wati u-Rakele:
Kukona iya kulala nawe ngobubusuku

* *Oko kukuti:* Uduniso.
† *Oko kukuti:* Umgwebi.
‡ *Oko kukuti:* Ukuzamana kwami.
§ *Oko kukuti:* Iqela.
‖ *Oko kukuti:* Onetamsanqa.

ngennxa yedudai zonyana wako. 16 Wati
akuza u-Yakobi evela endhle ngokuhlwa,
wapuma u-Leya ukuya kumkaulela, wati:
Uya kungena kumi; ngokuba ndise ndi-
kuqeshile ngedudai zonyana wami. Waza
walala naye ngobusuku obo.
17 Waye UTIXO wapulapula ku-Leya,
owamita, wazalela u-Yakobi unyana wesi-
hlanu. 18 Waza u-Leya wati: UTIXO
undinikile umvuzo wami, ngennxa yoku-
ba ndabendinika ikobokakazi lami endode-
ni yami; ngako wambiza ngegama elingu-
Yisakare.* 19 Wabuya wamita u-Leya,
wazalela u-Yakobi unyana wesitandatu.
20 Waza u-Leya wati: UTIXO undibasele
ngebaso elilungileyo; kaloku indoda yami
iya kuhlala nami, ngokuba ndimzalele onya-
na batandatu; ngako wambiza ngegama
elingu-Zebulone.† 21 Wati kamva, wa-
zala intombi, wayibiza ngegama elingu-
Dina.‡
22 Waye UTIXO wamkumbula no-Ra-
kele; ude UTIXO wapulapula kuye,
wavula isizalo sake. 23 Waza wamita,
wazala unyana; wati: UTIXO ukwelelisile
udelwa lwami. 24 Wambiza ngegama eli-
ngu-Josefe,§ esiti: UYEHOVA uya kwongeza
kumi omnye unyana.
25 Kwaye kute, xeshekweni u-Rakele
abemzele u-Josefe, wati u-Yakobi ku-Laba-
ne: Ndindulule, ndize ndiye endaweni ya-
kowetu, nasezweni lami. 26 Nika abafazi
bami, nabantwana bami, endikukonzile
ngennxa yabo, ukuze ndimke; ngokuba
uyazi wena inkonzo yami endikukonzile
ngayo.
27 Wati u-Labane kuye: Ukuba kaloku
ndifumene ufefe emehlweni ako, *hlala;*
sendigqalile nje ukuba UYEHOVA unditamsa-
nqele ngetuba lako. 28 Wayesiti: Ndi-
balulele umvuzo wako, ndandiya kunika
*ngako.*
29 Waza wati kuye: Uyazi wena ukuba
ndite nina ukukukonza, nokuba zite nina
ukubako nami inkomo zako. 30 Ngokuba
okuncinane waunako ndingek*ezi*, sekwa-
ndile kwaba kokuninzi; kanjalo UYEHOVA
ukutamsanqele ekuhambeni kwami; kodwa
kaloku, kuninina endiya kusebenzela nen-
dhlu yami?
31 Wayesiti: Ndokunika 'nto nina?

* *Oko kukuti:* Umvuzo.
† *Oko kukuti:* Indawo yokuhlala.
‡ *Oko kukuti:* Ogwetyelweyo.
§ *Oko kukuti:* Uya kwongeza.



University of Fort Hare

Wati u-Yakobi : Akuyi kundinika nannye
into ; ukuba uya kundenzela lento, ndobu-
ya ndiwaluse umhlambi wako ndi*wugcine* :
32 ndiya kucanda kuwo wonke umhlambi
wako namhla nje, ndahlukanise kwa kona
onke amatakane enamabala nenamasanara,
nawo onke amatakane amfusa pakati kwe-
gusha, nawo anamasanara nanamabala pa-
kati kwebokwe ; oba ngumvuzo wami
*anjalo*. 33 Boda bundinqìnele ubulungisa
bami ngexesha elisakubako, nxa uzayo pezu
kwomvuzo wami, kwa sebusweni bako :
zonke ezingenamabala nezingenamasanara
pakati kwebokwe, nezingemfusa pakati
kwegusha, ezo zikumi *makutwe* zibìwe.
34 Wati u-Labane : Bona ke, kwanga
kungaba njengelizwi lako!
35 Waza wahlukanisa kwa ngalommini
zonke inkunzi zebokwe ezinala nezinama-
sanara, nazo zonke imazi zebokwe ezinama-
bala nezinamasanara, *nazo* zonke bebukuzo
ubumhlope, nazo zonke ezimfusa pakati
kwegusha, wazinikela esandhleni sonyana
bake. 36 Wayemisa ihambo yemihla ya-
mitatu pakati kwake no-Yakobi : wati
u-Yakobi wayalusa imihlambi ka-Labane
eseleyo.
37 Wandula u-Yakobi wazitabatela
intswazi zomti welibene oluhlaza, nezowe-
luze, nezoweharemone, waxwebula kuzo
imigca emhlope, ehlubulula ubumhlope
obusezintswazini ezo. 38 Waya wabeka
intswazi abezixwebule emijeleni *na*semi-
kombeni yokuselwa kwamanzi, apo imihla-
mbi yeza kona ukusela, ngapambi kwe-
mihlambi, ukuze ikaule ekuzeni kwayo
ukusela. 39 Yaza yakaula imihlambi ebu-
sweni bentswazi, yandula imihlambi yazala
*amatakane* azinnala, nanamabala, nanamasa-
nara. 40 Namatakane lawo wawahlula u-Ya-
kobi, wabekisa ubuso bemihlambi ngakuwo
azinnala, nawo onke amfusa emhlambini
ka-Labane ; waza wayibeka eyake imihla-
mbi yodwa, engayibekanga kuwo umhlambi
ka-Labane. 41 Kwaza kwati, nxa zisukuba
zikaula ezomeleleyo emihlambini, wabeka
u-Yakobi intswazi pambi kwamehlo emi-
hlambi emijeleni, ukuze zikaule pakati
kwentswazi. 42 Kodwa nxa zibutataka
ezemihlambi, akazibeka ; zaza ezibutataka
zaba zezika - Labane, nezomeleleyo zaba
zezika-Yakobi. 43 Yada indoda leyo ya-
kolisa ukwanda kakulu, yaba nemihlambi
yamininzi, nezicaka, nezicakakazi, nenka-
mela, namaqwarashe.

31 Aza avakala kuyo amazwi onyana
baka-Labane, esiti : Ususile u-Yakobi
konke ubawo wetu abenako ; nakuko okubo
kukokukabawo wetu ubenzile bonke obubu-
tyebi. 2 Waye u-Yakobi wabona ubuso
buka-Labane ; kekaloku bona ke, babunge-
ngakuye njengasexesheni lapambili.

3 WADA UYEHOVA wati ku-Yakobi :
Buyela elizweni loyihlo bako, nakwisala-
mane sako ; ndandiya kuba nawe.
4 Waza watuma u-Yakobi wabiza u-
Ɍakele no-Leya beze endhle emhlambini
wake ; 5 wati kubo : Ndiyabona ubuso bo-
yihlo wenu, ukuba abungakumi njengase-
xesheni lapambili ; kodwa UTIXO kabawo
usand' ukubako nami. 6 Niyazi nani,
ukuba kungawo onke amandhla ami endi-
konzile uyihlo wenu. 7 Kanti uyihlo
wenu undixokisile, nomvuzo wami uwu-
guqule ishumi lamaxesha ; kodwa UTIXO
akamvumelanga ukuba andenzele ububi.
8 Nxa abesitsho ukuti : Lawo anamabala
oba ngumvuzo wako ; yandula yonke imi-
hlambi ukuzala anamabala : nanxa abesi-
tsho ukuti : Lawo azinnala oba ngumvuzo
wako ; yandula yonke imihlambi ukuzala
azinnala. 9 Kunjalo ke UTIXO ahlutileyo
inkomo zoyihlo wenu, wazinika kumi.
10 Kwaye kute, ngexesha lokukaula kwe-
mihlambi, ndapakamisa amehlo ami, nda-
bona epupeni ; kekaloku bona ke, inkunzi
ezikwela pezu *kwemazi* zemihlambi zizezi-
zinnala, nezinamabala, nezingamarwexu.
11 Yaza yati kumi ingelosi KATIXO epupeni :
Yakobi ! Ndati mina : Nanku, ndi*lapa*.
12 Yayisiti : Zupakamise amehlo ako,
ubone ; zonke inkunzi ezikwela pezu *kwe-
mazi* zemihlambi zizezizinnala, nezinama-
bala, nezingamarwexu : ngokuba ndikubo-
nile konke u-Labane akwenzele kona.
13 Mina ndiNGUTIXO we-Betele, apo ubu-
tambisa kona isimo sokukumbuza, *na*lapo
ubusenza kumi isibambiso kona : uze kalo-
ku usuke, upume kwelilizwe, ubuyele
ezweni lesalamane sako.
14 Baza bapendula u-Ɍakele no-Leya,
bati kuye : Kuseko kuti na isabelwa nelifa
endhlwini kabawo wetu ? 15 Asibalelwa-
nga abasemzini nguye na ? ngokuba ete-
ngisile ngati, nemali yetu ngqibele ukuyi-
dhla nayo. 16 Ngokuba bonke ubutyebi
abuhlutileyo UTIXO kubawo wetu, bubobetu
bona, nobonyana betu : ngako kaloku, konke
akutshilo UTIXO kuwe kwenze ke.



iversity of Fort Hare

17 Wandula wesuka u-Yakobi, wakwe-
lisa onyana bake nabafazi bake pezu kwen-
kamela; 18 wafudusa zonke inkomo zake,
nayo yonke impahla yake abeyiqwebile,
inkomo zokufuya kwake, abeziqwebile
e-Padane-arame, ukuya ku-Yisake uyise
ezweni le-Kanane. 19 Kekaloku u-Labane
ebeyile ukuceba izimvu zake; waza u-
Rakele webà iterafi abenazo uyise. 20 Waye
u-Yakobi wakohlisa inkliziyo ka-Labane
um-Siriya, ekubeni engamxelelanga ukuba
uyesaba. 21 Waya wesaba nako konke
abenako; wesuka ke, wawela umlambo,
wabeka ubuso bake ngasentabeni ye-Gile-
yadi.

22 Kwaye kuxelwa ku-Labane ngowesi-
tatu umhla, ukuba usabile u-Yakobi.
23 Waza watabata abazalwana bake naye,
wamputuma ihambo yemihla esixenxe;
bada bamfumana entabeni ye-Gileyadi.
24 Koko wezayo UTIXO ku-Labane um-
Siriya epupeni ngobusuku, wati kuye:
Zilumkele, ukuze ungateti ku-Yakobi no-
kulungileyo nokukohlakeleyo. 25 Waza
u-Labane wamfumana u-Yakobi.

Kekaloku u-Yakobi ebemisile intente
yake entabeni; wati ke no-Labane wamisa
*eyake* ndawonye nabazalwana bake entabeni
ye-Gileyadi. 26 Wayesiti u-Labane ku-
Yakobi: Yinto nina uyenzileyo, ukuba
ubukohlisa inkliziyo yami, wafudusa into-
mbi zami njengabatinjiweyo ngesirele?
27 Kunganina ukuba ubusaba ngasese, wa-
ndikohlisa; nokuba ubungandixeleli, ukuze
ndibe ndikupelekelele ngemigcobo nangen-
goma, ngentambula nangohadi; 28 noku-
ba ubungandivumeli ukwanga onyana bami
nentombi zami? Kaloku wenzile ngobu-
denge. 29 Kusemandhleni sesandhla sami
ukumenza ububi; kodwa UTIXO kayihlo we-
nu wabesitsho kumi pezolo ukuti: Zilu-
mkele, ukuze ungateti ku-Yakobi nokulu-
ngileyo nokukohlakeleyo. 30 Pofu kaloku,
unxamele ukumka nje, ngokokuba ubula-
ngazelela indhlu kayihlo kakulu, kunganina
ukuba ubìle otixo bami?

31 Waza wapendula u-Yakobi wati ku-
Labane: Kungokuba bendisoyika; ngoku-
ba bendisiti: Hlezibe uya kuhlasela into-
mbi zako kumi. 32 Lowo ufumana naye
otixo bako, makangabi sapila. Kwa pambi
kwabazalwana betu kunakane okwako oku-
kumi, uze ukutabatele kuwe. Ngokuba
ebengazi u-Yakobi ukuba u-Rakele ubebìle.
33 Waya u-Labane wangena ententeni
ka-Yakobi, nasententeni ka-Leya, nasezin-
tenteni zamakobokakazi omabini, kanti
akabafumananga: waza wapuma ententeni
ka-Leya, wangena ententeni ka-Rakele.
34 Kekaloku u-Rakele ebetabatile iterafi,
wazibeka pakati kwempahla yenkamela,
wahlala pezu kwazo. Waza u-Labane wa-
benca intente yonke, kanti akazifumananga.
35 Wayesiti kuyise: Makungaqumbiseki
emehlweni enkosi yami, ukuba ndikohliwe
kukusuka ebusweni bako; ngokuba isiko
labafazi lipezu kwami. Wafunisa ke, kanti
akazifumananga iterafi.

36 Waza waqumba u-Yakobi, wapika
naye u-Labane. Wapendula u-Yakobi wati
ku-Labane: Siyinto nina isigqito sami?
siyinto nina isono sami, ukuba unxamele
kangaka ukundiputuma? 37 Ekubeni u-
zibeneile zonke impahla zami, kuyinto nina
uyifumeneyo kuzo zonke impahla zendhlu
yako? Yibeke apa pambi kwabazalwana
bami nabazalwana bako, ukuze balamle
pakati kwetu sobabini. 38 Leminyaka
imashumi mabini ndibe ndinawe; igu-
shakazi zako nebokwekazi zako azipu-
nzile, nenkunzi zomhlambi wako andizi-
dhlanga. 39 Leyo iqwengiweyo andiyi-
zisanga kuwe; ndayihlaulela mina; kwa
kuso isandhla sami wabuyibanga, *nokuba*
ibibìwe ngemmini, nokuba ibibìwe ngo-
busuku. 40 Bendi*njalo* ke; emmini nda-
dhliwa bubushushu, nasebusuku *ndadhliwa*
yingqele; kanjalo amehlo ami emkelwa
bubutongo. 41 Kunje nje ndibe ndiyimi-
nyaka imashumi mabini endhlwini yako;
ndakukonza iminyaka yalishumi linemine
ngennxa yentombi zako zombini, neminya-
ka yamitandatu ngennxa yomhlambi wako;
wauguqule umvuzo wami ishumi lamaxe-
sha. 42 Ukuba UTIXO kabawo wami, UTIXO
ka-Abrahame, nomoyikwa ka-Yisake, ebe-
ngeko nami, ngennyaniso kaloku unge
undindulule zé. Ubunzima bami nomzamo
wezandhla zami uwubonile UTIXO, wakwo-
hlwaya pezolo.

43 Waza wapendula u-Labane wati ku-
Yakobi: Intombi ezi zintombi zami, no-
nyana aba bangonyana bami, nemihlambi
le yimihlambi yami, nako konke ukubonayo
kukokwami: kekaloku ndingenza 'nto nina
kuzo ezintombi zami namhla nje, nakubo
onyana bazo, abo zibazeleyo? 44 Kaloku
kambe, yiza senze ucebano, kwa mina na-
we, ukuba lube linqina pakati kwami nawe.
45 Waza u-Yakobi watabata ilitye, wali-



University of Fort Hare

pakamisa libe sisimo sokukumbuza. 46 Wa-
yesiti u-Yakobi kubazalwana bake: Butani
amatye. Baza batabata amatye, benza
imfumba; batya kona pezu kwemfumba
leyo. 47 Waye u-Labane wayibiza ngo-
kuti yi-Yegare-sahaduta;* kanti u-Yakobi
wayibiza ngokuti yi-Galedi.†

48 Waza wati u-Labane: Lemfumba
ilinqìna pakati kwami nawe namhla nje.
Kukona yabizwa ngegama eliyi-Galedi;
49 neliyi-Mitsipa;‡ ngokuba ebesiti: Wa-
nga UYEHOVA angalinda pakati kwami
nawe, uxa sifihlelene omnye kwomnye!
50 Ukuba uya kubandezela intombi za-
mi, nokuba uya kuzeka abafazi ngapezu
kwentombi zami, *noko* angeko 'mntu nati,
gqala ke, UTIXO ulinqìna pakati kwami
nawe. 51 Walekela u-Labane wati ku-
Yakobi: Nantsi lemfumba, nasi nesimo esi
sokukumbuza, endisipakamisile pakati
kwami nawe; 52 lemfumba ibe linqìna,
nesimo esi sokukumbuza sibe linqìna, loku-
ba andiyi kugqita mina kulemfumba ukuza
kuwe, nokuba akuyi kugqita wena kule-
mfumba nakwesisimo sokukumbuza ukuza
kumi, bube bububi. 53 UTIXO ka-Abra-
hame, NOTIXO ka-Nahore, UTIXO woyise
wabo agwebe pakati kwetu. Waye u-Ya-
kobi wafunga umoyikwa woyise u-Yisake.

54 Waza u-Yakobi wabingelela umbi-
ngelelo entabèni, wabiza abazalwana bake
baze batye isonka: baye besitya isonka,
balalisa entabeni. 55 Wavuka u-Labane
kusasa, wanga onyana bake nentombi zake,
wabatamsanqela; wandul' ukumka u-La-
bane, wabuyela endaweni yake.

32 WAHAMBA no-Yakobi endhleleni
yake; zaza zahlangana naye ingelosi
ZIKATIXO. 2 Wati u-Yakobi, xeshekweni
azibonileyo: Ngumkosi KATIXO lo! ngako
wabiza igama lalondawo nge-Mahana-
yime.§

3 Waza u-Yakobi wasusa izigidimi za-
ndulele kuye ukuya ku-Esau umkuluwe
wake, ezweni le-Sehire, ezweni lama-
Edome. 4 Waziyalela ngokuti: Kunje
nje niya kuteta enkosini yami, ku-Esau:
Sitsho isicaka sako u-Yakobi ukuti: Be-

* *Oko kukuti:* Yimfumba yokunqìna—*ngokwama-Kaledine.*

† *Oko kukuti:* Yimfumba yokunqìna—*ngokwama-Hebere.*

‡ *Oko kukuti:* Yindawo yokulinda.

§ *Oko kukuti:* Imikosi mibini.

ndipambukele ku-Labane, ndalibala *kona*
kwada kwakaloku; 5 ndiba nenkabi, na-
maqwarashe, *n*ezimvu, nezicaka, nezicaka-
kazi; ndanditumile ukushumayeza inkosi
yami, ukuze ndifumane ufefe emehlweni
ako.

6 Zada zabuya izigidimi zeza ku-Yakobi,
zisiti: Sasesifika kumkuluwe wako, ku-
Esau; kanjalo uyahamba naye ukuza ku-
kukaulela, enamadoda angamakulu mane
kunye naye.

7 Waza woyika u-Yakobi kakulu, waxi-
nezeka; waye eqingatisa abantu ababe-
naye, nezimvu, nenkomo, nenkamela, kube
yimikosi mibini; 8 ngokuba ebesiti:
Ukuba u-Esau uya kuza kwomnye umkosi,
awubete, uya kwandula umkosi oseleyo
usinde.

9 Waza u-Yakobi wati: TIXO wobawo
u-Abrahame, NOTIXO wobawo u-Yisake,
YEHOVA owabusiti kumi: Buyela elizweni
lakowenu, nasesalamaneni sako, ndandiya
kukupata ngokulungileyo! 10 Ndimnci-
nane mina kuzo zonke izibele, nakuyo
yonke innyaniso, ozenzele isicaka sako;
ngokuba bekunomsimelelo wami ndawela
i-Yoredane le, kanti kaloku sendiyimi-
kosi mibini. 11 Zundihlangule esandhle-
ni somkuluwe wami, esandhleni sika-Esau;
ngokuba ndimoyika yena, hleze uya kuza
andibete, *kwa n*onina kunye nabantwana.
12 Wabusiti wena kanjalo: Ngennyaniso
ndiya kukwenzela okulungileyo, ndenze
nenzalo yako ibe njengenklabati yolwa-
ndhle, engenakubalwa ngemnxa yokuba
'nninzi *kwayo.*

13 Waza walalisa kona ngobusuku obo;
watabata kuko okwezayo esandhleni sake,
umnikelo *wokumnik*ela u-Esau umkuluwe
wake: 14 imazi zebokwe zamakulu mabini,
nenkunzi zebokwe zamashumi mabini;
imazi zegusha zamakulu mabini, nenkunzi
zegusha zamashumi mabini; 15 inkamela-
kazi ezanyisayo zamashumi matatu, nawo
amatole azo; imazi zenkomo zamashumi
mane, nenkunzi zenkomo zalishumi; ama-
qwarashekazi amashumi mabini, nama-
qwarashana alishumi. 16 Waza wazinikela
esandhleni sezicaka zake, umhlambi ngom-
hlambi uwodwa; wati kuzo izicaka zake:
Yandulelani kumi ukuwela, nibeke umga-
ma pakati kwomhlambi nomhlambi. 17 Wa-
yalela esokuqala ngokuti: Xeshekweni
u-Esau, umkuluwe wami, aya kuhlangana
nawe, akubuze, esiti: Ungokabanina wena?



iversity of Fort Hare

uya ngapina? zezikabanina ezi zipambi
kwako? 18 Wandule uti: Zezesicaka sako
zika-Yakobi, zingumnikelo otunyelweyo
inkosi yami u-Esau; kanjalo, nanku yena
esemva kwetu naye. 19 Wenje njalo ke
ukuyalela esesibini, nesesitatu, kwa nabo
bonke ababelandela imihlambi, esiti: Ku-
njengelizwi eli niya kuteta ku-Esau, nxa
nifumanana naye. 20 Naniya kuti kanja-
ko: Nasi isicaka sako u-Yakobi sisemva
kwetu. Ngokuba ebesiti: Ndiya kuxolisa
ubuso bake ngalomnikelo ohambayo pa-
mbili kumi, ndize nditi kamva, ndibone
ubuso bake; kungati wobuka ubuso bami.
21 Wandula wawela umnikelo lowo nga-
pambili kuye; kodwa yena walalisa ngo-
bobusuku emnqubeni. 22 Waza wesuka
kwa ngobobusuku, watabata abafazi bake
bobabini, namakobokakazi ake omabini,
nonyana bake boshumi elinamnye, wawela
izibuko le-Yaboki. 23 Wayetabata bona,
wabaweza umlanjana lowo; waweza oko
abenako kanjalo.
24 Kanti u-Yakobi wasala yedwa;
kwaza kwazamana naye indoda side sa-
puma isifingo. 25 Eyati, yakubona ukuba
ayimeyisi, yacukumisa ilungu letanga
lake; laza laruneka ilungu letanga lika-
Yakobi, nxa ibizamana naye. 26 Yai-
siti: Ndiyeke, ngokuba sise sipumile isifi-
ngo. Koko wati: Andiyi kukuyeka, ku-
pela nxa unditamsanqeleyo. 27 Yaza ya-
ti kuye: Ngubanina igama lako? Wati:
Ngu-Yakobi. 28 Yandula yati: Asi ngo-
Yakobi eliya kubuya libizwe igama lako,
koko *liya kubizwa* ngo-Sirayeli:* ngokuba
wenzile ngobukosi ngakuye UTIXO nanga-
kubo abantu, weyisa ke. 29 Wayebuza
u-Yakobi, wati: Zuxele igama lako. Yai-
siti: Kunganina ukuba ubuze igama lami?
Yaza yamtamsanqela kona apo. 30 Waye
u-Yakobi wabiza igama lalondawo nge-
Peniyeli:† ngokuba, *watsho*, ndibonene
NOTIXO ubuso ngobuso, wasinda umpefu-
mlo wami noko.
31 Lakova ilanga ukupuma pezu kwa-
ke, xeshekweni abedhlula kuyo i-Penu-
weli; wabeqwalela etangeni lake. 32
Ngako oko usapo luka-Sirayeli alutyi
umsipa owabufinyela, lowo upezu kwe-
lungu letanga, kude kube yimmini ya-
namhla; ngokokuba ibicukumisile ilu-
ngu letanga lika-Yakobi emsipeni owafi-
nyelayo.

33 WAPAKAMISA u-Yakobi amehlo ake,
wakangela; kekaloku nanku u-Esau
esiza, enaye amadoda amakulu mane. Wa-
ndula ukwahlulela abantwana ku-Leya,
naku-Rakele, nakuwo amakobokakazi oma-
bini. 2 Waza wabeka amakobokakazi na-
bantwana bawo pambili, no-Leya naba-
ntwana bake ngasemva, no-Rakele no-Josefe
ngasemva ngakumbi. 3 Wasuka yena wa-
ndulela kubo ukuwela, waziqubuda nga-
semhlabeni amaxesha asixenxe, wada waso-
ndela kumkuluwe wake. 4 Waza waba-
leka u-Esau ukuya kumkaulela, wamsinga-
ta, wawa pezu kwentamo yake, wamanga:
balila ke. 5 Wada wapakamisa amehlo
ake, wabona abafazi nabantwana; wati:
Bayinto nina aba kuwe? Wayesiti: Nga-
bantwana abanikileyo UTIXO ngofefe kwisi-
caka sako. 6 Andula asondela amakoboka-
kazi, kwa wona nabantwana bawo, baziqu-
buda. 7 Wasondela no-Leya, nabantwana
bake, baziqubuda; nakamva kwasondela
u-Josefe no-Rakele, baziqubuda nabo.
8 Waza wati: Uyinto nina kuwe wonke
lomkosi bendihlangene nawo? Wayesiti:
Ngowokuba ndifumane ufefe emehlweni
enkosi yami. 9 Wati u-Esau: Kuko
kumi okuninzi, mninawe wami! makube
kokwako oko unako. 10 Koko u-Yakobi
wati: Makekungabi njalo! ukuba kambe
ndifumene ufefe emehlweni ako, uke
uwamkele umnikelo wami esandhleni sa-
mi; ngokuba kukona endibonileyo ubuso
bako, njengokungati ndibonile ubuso
BUKATIXO, waza wakoliswa ndimi. 11 Zu-
litabate itamsanqa lami eliziswa kuwe,
ngokuba UTIXO endipete ngofefe, nangoku-
ba ndinento zonke. Wamqùba ke, wada
walitabata.
12 Wayesiti: Masinduluke, sihambe;
ndandiya kuhamba pambi kwako. 13 Ko-
ko wati kuye: Inkosi yami iyazi ukuba
abantwana batambile, nokuba imazi ze-
gusha nezenkomo ezikulelweyo zingaku-
mi; kekaloku zakuba ziya kuqùtywa ka-
kulu ibe yimmini 'nnye, wonke umhlambi
uya kufa. 14 Makeiti inkosi yami idhlule
pambi kwesicaka sayo; nami ndiya kuha-
mbisa kakuhle, njengokuhamba kwenkomo
ezipambi kwami, nanjengokuhamba kwa-
bantwana, ndide ndifike enkosini yami e-
Sehire. 15 Wati u-Esau: Makendisalise

* *Oko kukuti:* Inkosi KATIXO.
† *Oko kukuti:* Ubuso BUKATIXO.



University of Fort Hare

kuwe innxennye yabantu abanami. Wa-
yesiti : Kwoba nganina oko ? mandifumane
ufefe emehlweni enkosi yami.
16 Waza wabuya u-Esau kwa ngalommi-
ni ukuya endhleleni yake ngase-Sehire.
17 Wasuka u-Yakobi wahambela e-Sukote,
wazakela indhlu, wenzela nenkomo zake
amapempe : ngako oko wabiza igama lalo-
ndawo nge-Sukote.*

18 WADA wafika u-Yakobi ngokunqaba
esixekweni se-Shekeme, esisezweni le-Ka-
nane, ekuveleni kwake e-Padane-arame ;
wayemisa intente ngapambi kwesixeko.
19 Wandula watenga isiqendu sentsimi,
apo abeyolule kona intente yake, esandhle-
ni sosapo luka-Hamore, uyise ka-Shekeme,
ngekulu lamaqosha emali. 20 Waza wa-
misa kona isibingelo, wasibiza ngokuti :
UTIXO NGUTIXO ka-Sirayeli.
34 Kekaloku wapuma u-Dina, intombi
ka-Leya, leyo ubeyizalele u-Yakobi,
ukuya kubona intombi zakwelolizwe.
2 Waza wambona u-Shekeme, unyana
ka-Hamore um-Hivi, inkosi yelizwe, o-
wamtabata, walala naye, wamdhlwengula.
3 Kanjalo umpefumlo wake wanamatela
kuye u-Dina, intombi ka-Yakobi, wayitanda
intombi leyo, wateta enkliziyweni yayo
intombi leyo. 4 Wada watsho u-Shekeme
ku-Hamore uyise, esiti : Nditabatele lento-
mbi ibe ngumfazi. 5 Kwaye kuviwa ngu-
Yakobi ukuba ebemncolisile u-Dina intombi
yake ; koko onyana bake bebenenkomo
zake ezindhle ; ngako wati ewaka u-Yakobi,
bada bafika bona.
6 Wandula wapuma u-Hamore, uyise
ka-Shekeme, waya ku-Yakobi, ukuba atete
naye. 7 Bati onyana baka-Yakobi bavela
ezindhle, kwakuvakala kubo ; aza adanda-
teka amadoda lawo, aqumba kakulu, ngo-
kuba ebenzile okuhlazekileyo kwa-Sirayeli
ngokulala nayo intombi ka-Yakobi, okunge
kungenziwa oko.
8 Waza u-Hamore wateta nabo, esiti :
u-Shekeme unyana wami umpefumlo wake
uyalangazelela intombi yakokwenu : keni-
yinike kuye ibe ngumfazi ; 9 nize nitsha-
tiselane nati ; intombi zenu nizendise
kuti, nentombi zetu nizitabate kuni ;
10 nihlalelane nati ; wauya kuti umhlaba
ube pambi kwenu ; hlalani nitenge kona,
nizuze imfuyo kuwo. 11 Waza u-Shekeme
wati kuyise nakubakuluwe bayo : Mandi-
fumane ufefe emehlweni enu ; kwa oko
niya kukutsho kumi, ndiya kunika kona.
12 Yandisani pezu kwami kakulu ikazi
nebaso, ndandiya kunika njengokuba niya
kutsho kumi ; niti kodwa nindinike in-
tombi ibe ngumfazi.
13 Bandula onyana baka-Yakobi bape-
ndula u-Shekeme no-Hamore uyise ngen-
kohliso, (babeteta *njalo* ngokuba ebemnco-
lisile u-Dina udade wabo,) 14 bati kubo :
Sikohliwe kukwenza lento, yokuba sendise
udade wetu endodeni esekungalukini,
ngokuba bekuya kuba lihlazo oko kuti.
15 Kungoku kupela esiya kuvumelana
nani : Ukuba noba njengati, okokuba kwa-
luke kuni konke okubududa ; 16 siya
kwandula sendise intombi zetu kuni, nento-
mbi zenu sizitabate kuti, sihlalelane nani,
sibe ngabantu banye. 17 Kodwa ukuba
aniyi kupulapula kuti, okokuba naluke,
soza sitabate intombi yakokwetu, simke ke.
18 Kekaloku amazwi abo abelungile
emehlweni ka-Hamore, nasemehlweni ake
u-Shekeme, unyana ka-Hamore. 19 Yati
indodana leyo ayalibala ukwenza lento,
ngokuba ibikolisiwe yintombi ka-Yakobi ;
kanjalo ibibekekile ngapezu kwayo yonke
indhlu kayise. 20 Wandula weza u-Ha-
more, no-Shekeme unyana wake, esangwe-
ni lesixeko sabo, bateta namadoda asesi-
xekweni sabo, besiti : 21 Lamadoda aya-
xolana nati ; makahlale ngoko elizweni,
atenge kulo, nomhlaba (bona ke, uba-
nzi wona ngamacala onke) maube pambi
kwawo : intombi zawo sozitabata kuti zibe
ngabafazi, nentombi zetu siya kuzendisa
kuwo. 22 Kungoku kupela aya kuvume-
lana nati amadoda la, ukuba kuhlalelwane
nati, ukuze sibe ngabantu banye : nxa kwa-
lukile kuti konke okubududa, njengokuba
bengabalukileyo bona. 23 Inkomo zawo,
nempahla yawo, nazo zonke izilo zawo, aziyi
kuba zezetu na zona ? kupela sivumelane
nawo, aeya kuhlalelana nati. 24 Baza ba-
pulapula ku-Hamore, naku-Shekeme unya-
na wake, bonke abapuma ngesango lesixeko
sake ; baye besaluswa bonke abangamadoda,
kwa bonke abapuma ngesango lesixeko sake.
25 Kwaza kwati ngeyesitatu immini,
bakuba besekutyatyambeni, bandula aba-
bini bonyana baka-Yakobi, u-Simone no-
Levi, abakuluwe baka-Dina, batabata izi-
rele zabo abanye ngabanye, basizuma
isixeko ngobunganga, babulala bonke aba-

* *Oko kukuti :* Amapempe.


University of Fort Hare

nya ngapina? zezikabanina ezi zipambi
kwako? 18 Wandule uti: Zezesicaka sako
zika-Yakobi, zingumnikelo otunyelweyo
inkosi yami u-Esau; kanjalo, nanku yena
esemva kwetu naye. 19 Wenje njalo ke
nkuyalela esesibini, nesesitatu, kwa nabo
bonke ababelandela imihlambi, esiti: Ku-
njengelizwi eli niya kuteta ku-Esau, nxa
nifumanana naye. 20 Naniya kuti kanja-
ko: Nasi isicaka sako u-Yakobi sisemva
kwetu. Ngokuba ebesiti: Ndiya kuxolisa
ubuso bake ngalomnikelo ohambayo pa-
mbili kumi, ndize nditi kamva, ndibone
ubuso bake; kungati wobuka ubuso bami.
21 Wandula wawela umnikelo lowo nga-
pambili kuye; kodwa yena walalisa ngo-
bobusuku emnqubeni. 22 Waza wesuka
kwa ngobobusuku, watabata abafazi bake
bobabini, namakobokakazi ake omabini,
nonyana bake boshumi elinamnye, wawela
izibuko le-Yaboki. 23 Wayetabata bona,
wabaweza umlanjana lowo; waweza oko
abenako kanjalo.
24 Kanti u-Yakobi wasala yedwa;
kwaza kwazamana naye indoda side sa-
puma isifingo. 25 Eyati, yakubona ukuba
ayimeyisi, yacukumisa ilungu letanga
lake; laza laruneka ilungu letanga lika-
Yakobi, nxa ibizamana naye. 26 Yai-
siti: Ndiyeke, ngokuba sise sipumile isifi-
ngo. Koko wati: Andiyi kukuyeka, ku-
pela nxa unditamsanqeleyo. 27 Yaza ya-
ti kuye: Ngubanina igama lako? Wati:
Ngu-Yakobi. 28 Yandula yati: Asi ngo-
Yakobi eliya kubuya libizwe igama lako,
koko *liya kubizwa* ngo-Sirayeli:* ngokuba
wenzile ngobukosi ngakuye UTIXO nanga-
kubo abantu, weyisa ke. 29 Wayebuza
u-Yakobi, wati: Zuxele igama lako. Yai-
siti: Kunganina ukuba ubuze igama lami?
Yaza yamtamsanqela kona apo. 30 Waye
u-Yakobi wabiza igama lalondawo nge-
Peniyeli:† ngokuba, *watsho*, ndibonene
NOTIXO ubuso ngobuso, wasinda umpefu-
mlo wami noko.
31 Lakova ilanga ukupuma pezu kwa-
ke, xeshekweni abedhlula kuyo i-Penu-
weli; wabeqwalela etangeni lake. 32
Ngako oko usapo luka-Sirayeli alutyi
umsipa owabufinyela, lowo upezu kwe-
lungu letanga, kude kube yimmini ya-
namhla; ngokokuba ibicukumisile ilu-

* *Oko kukuti:* Inkosi KATIXO.
† *Oko kukuti:* Ubuso BUKATIXO.

ngu letanga lika-Yakobi emsipeni owafi-
nyelayo.

33 WAPAKAMISA u-Yakobi amehlo ake,
wakangela; kekaloku nanku u-Esau
esiza, enaye amadoda amakulu mane. Wa-
ndula ukwahlulela abantwana ku-Leya,
naku-Rakele, nakuwo amakobokakazi oma-
bini. 2 Waza wabeka amakobokakazi na-
bantwana bawo pambili, no-Leya naba-
ntwana bake ngasemva, no-Rakele no-Josefe
ngasemva ngakumbi. 3 Wasuka yena wa-
ndulela kubo ukuwela, waziqubuda nga-
semhlabeni amaxesha asixenxe, wada waso-
ndela kumkuluwe wake. 4 Waza waba-
leka u-Esau ukuya kumkaulela, wamsinga-
ta, wawa pezu kwentamo yake, wamanga:
balila ke. 5 Wada wapakamisa amehlo
ake, wabona abafazi nabantwana; wati:
Bayinto nina aba kuwe? Wayesiti: Nga-
bantwana abanikileyo UTIXO ngofefe kwisi-
caka sako. 6 Andula asondela amakoboka-
kazi, kwa wona nabantwana bawo, baziqu-
buda. 7 Wasondela no-Leya, nabantwana
bake, baziqubuda; nakamva kwasondela
u-Josefe no-Rakele, baziqubuda nabo.
8 Waza wati: Uyinto nina kuwe wonke
lomkosi bendihlangene nawo? Wayesiti:
Ngowokuba ndifumane ufefe emehlweni
enkosi yami. 9 Wati u-Esau: Kuko
kumi okuninzi, mninawe wami! makube
kokwako oko unako. 10 Koko u-Yakobi
wati: Makekungabi njalo! ukuba kambe
ndifumene ufefe emehlweni ako, uke
uwamkele umnikelo wami esandhleni sa-
mi; ngokuba kukona endibonileyo ubuso
bako, njengokungati ndibonile ubuso
BUKATIXO, waza wakoliswa ndimi. 11 Zu-
litabate itamsanqa lami eliziswa kuwe,
ngokuba UTIXO endipete ngofefe, nangoku-
ba ndinento zonke. Wamqùba ke, wada
walitabata.
12 Wayesiti: Masinduluke, sihambe;
ndandiya kuhamba pambi kwako. 13 Ko-
ko wati kuye: Inkosi yami iyazi ukuba
abantwana batambile, nokuba imazi ze-
gusha nezenkomo ezikulelweyo zingaku-
mi; kekaloku zakuba ziya kuqùtywa ka-
kulu ibe yimmini 'nnye, wonke umhlambi
uya kufa. 14 Makeiti inkosi yami idhlule
pambi kwesicaka sayo; nami ndiya kuha-
mbisa kakuhle, njengokuhamba kwenkomo
ezipambi kwami, nanjengokuhamba kwa-
bantwana, ndide ndifike enkosini yami e-
Sehire. 15 Wati u-Esau: Makendisalise



University of Fort Hare

kuwe innxennye yabantu abanami. Wa-
yesiti : Kwoba nganina oko ? mandifumane
ufefe emehlweni enkosi yami.
16 Waza wabuya u-Esau kwa ngalommi-
ni ukuya endhleleni yake ngase-Sehire.
17 Wasuka u-Yakobi wahambela e-Sukote,
wazakela indhlu, wenzela nenkomo zake
amapempe : ngako oko wabiza igama lalo-
ndawo nge-Sukote.*

18 WADA wafika u-Yakobi ngokunqaba
esixekweni se-Shekeme, esisezweni le-Ka-
nane, ekuveleni kwake e-Padane-arame ;
wayemisa intente ngapambi kwesixeko.
19 Wandula watenga isiqendu sentsimi,
apo abeyolule kona intente yake, esandhle-
ni sosapo luka-Hamore, uyise ka-Shekeme,
ngekulu lamaqosha emali. 20 Waza wa-
misa kona isibingelo, wasibiza ngokuti :
Utixo ngutixo ka-Sirayeli.

34 Kekaloku wapuma u-Dina, intombi
ka-Leya, leyo ubeyizalele u-Yakobi,
ukuya kubona intombi zakwelolizwe.
2 Waza wambona u-Shekeme, unyana
ka-Hamore um-Hivi, inkosi yelizwe, o-
wamtabata, walala naye, wamdhlwengula.
3 Kanjalo umpefumlo wake wanamatela
kuye u-Dina, intombi ka-Yakobi, wayitanda
intombi leyo, wateta enkliziyweni yayo
intombi leyo. 4 Wada watsho u-Shekeme
ku-Hamore uyise, esiti : Nditabatele lento-
mbi ibe ngumfazi. 5 Kwaye kuviwa ngu-
Yakobi ukuba ebemncolisile u-Dina intombi
yake ; koko onyana bake bebenenkomo
zake ezindhle ; ngako wati ewaka u-Yakobi,
bada bafika bona.
6 Wandula wapuma u-Hamore, uyise
ka-Shekeme, waya ku-Yakobi, ukuba atete
naye. 7 Bati onyana baka-Yakobi bavela
ezindhle, kwakuvakala kubo ; aza adanda-
teka amadoda lawo, aqumba kakulu, ngo-
kuba ebenzile okuhlazekileyo kwa-Sirayeli
ngokulala nayo intombi ka-Yakobi, okunge
kungenziwa oko.
8 Waza u-Hamore wateta nabo, esiti :
u-Shekeme unyana wami umpefumlo wake
uyalangazelela intombi yakokwenu : keni-
yinike kuye ibe ngumfazi ; 9 nize nitsha-
tiselane nati ; intombi zenu nizendise
kuti, nentombi zetu nizitabate kuni ;
10 nihlalelane nati ; wauya kuti umhlaba
ube pambi kwenu ; hlalani nitenge kona,
nizuze imfuyo kuwo. 11 Waza u-Shekeme
wati kuyise nakubakuluwe bayo : Mandi-
fumane ufefe emehlweni enu ; kwa oko
niya kukutsho kumi, ndiya kunika kona.
12 Yandisani pezu kwami kakulu ikazi
nebaso, ndandiya kunika njengokuba niya
kutsho kumi ; niti kodwa nindinike in-
tombi ibe ngumfazi.
13 Bandula onyana baka-Yakobi bape-
ndula u-Shekeme no-Hamore uyise ngen-
kohliso, (babeteta *njalo* ngokuba ebemnco-
lisile u-Dina udade wabo,) 14 bati kubo :
Sikohliwe kukwenza lento, yokuba sendiso
udade wetu endodeni esekungalukini,
ngokuba bekuya kuba lihlazo oko kuti.
15 Kungoku kupela esiya kuvumelana
nani : Ukuba noba njengati, okokuba kwa-
luke kuni konke okubudoda ; 16 siya
kwandula sendise intombi zetu kuni, nento-
mbi zenu sizitabate kuti, sihlalelane nani,
sibe ngabantu banye. 17 Kodwa ukuba
aniyi kupulapula kuti, okokuba naluke,
soza sitabate intombi yakokwetu, simke ke.
18 Kekaloku amazwi abo abelungile
emehlweni ka-Hamore, nasemehlweni ake
u-Shekeme, unyana ka-Hamore. 19 Yati
indodana leyo ayalibala ukwenza lento,
ngokuba ibikolisiwe yintombi ka-Yakobi ;
kanjalo ibibekekile ngapezu kwayo yonke
indhlu kayise. 20 Wandula weza u-Ha-
more, no-Shekeme unyana wake, esangwe-
ni lesixeko sabo, bateta namadoda asesi-
xekweni sabo, besiti : 21 Lamadoda aya-
xolana nati ; makahlale ngoko elizweni,
atenge kulo, nomhlaba (bona ke, uba-
nzi wona ngamacala onke) maube pambi
kwawo : intombi zawo sozitabata kuti zibe
ngabafazi, nentombi zetu siya kuzendisa
kuwo. 22 Kungoku kupela aya kuvume-
lana nati amadoda la, ukuba kuhlalelwane
nati, ukuze sibe ngabantu banye : nxa kwa-
lukile kuti konke okubudoda, njengokuba
bengabalukileyo bona. 23 Inkomo zawo,
nempahla yawo, nazo zonke izilo zawo, aziyi
kuba zezetu na zona ? kupela sivumelane
nawo, aeya kuhlalelana nati. 24 Baza ba-
pulapula ku-Hamore, naku-Shekeme unya-
na wake, bonke abapuma ngesango lesixeko
sake ; baye besaluswa bonke abangamadoda,
kwa bonke abapuma ngesango lesixeko sake.
25 Kwaza kwati ngeyesitatu immini,
bakuba besekutyatyambeni, bandula aba-
bini bonyana baka-Yakobi, u-Simone no-
Levi, abakuluwe baka-Dina, batabata izi-
rele zabo abanye ngabanye, basizuma
isixeko ngobunganga, babulala bonke aba-

* *Oko kukuti :* Amapempe.



University of Fort Hare

ngamadoda. 26 No-Hamore, no-Shekeme
unyana wake, babebabulala ngohlangoti
lwesirele, bamsusa u-Dina endhlwini
ka-Shekeme, bapuma ke. 27 Onyana
baka-Yakobi beza pezu kwababuleweyo,
basipanga isixeko, ngennxa yokuba bebe-
ncolisile udade wabo. 28 Izimvu zabo,
nenkabi zabo, namaqwarashe abo, noko
okusesixekweni, noko okusendhle, baku-
susa. 29 Nabo bonke ubutyebi babo, nabo
bonke abantwana babo, nabafazi babo,
babatimba, babapanga, kwa nako konke
okusendhlwini.
30 Waza u-Yakobi wati ku-Simone naku-
Levi: Nindikatazile ngokundinukisa pakati
kwabemi belizwe, pakati kwaba-Kanane,
napakati kwama-Perizi: mina ke ndilula
ngabantu nje, baya kuhlanganisana nga-
kumi, bandibulale; ndize nditshatyalaliswe
mina nendhlu yami. 31 Bati bona: Nge-
esenza kudade wetu njengakwingnawokazi
yinina?

35 WADA wati UTIXO ku-Yakobi: Suka,
unyukele e-Betele, uhlale kona; uze
wenze kona isibingelo KUTIXO, lowo ubebo-
nakala kuwe ekusabeni kwako ebusweni
buka-Esau umkuluwe wako. 2 Waza u-
Yakobi wati kwabendhlu yake, nakubo
bonke ababenaye: Kwelelisani otixo basem-
zini abapakati kwenu, nizicokise, niguqule
izivato zenu; 3 sisuke ke, sinyukele e-
Betele; ndandiya kusenza kona isibingelo
KUTIXO, lowo ubendipendula ngomhla wo-
bunzima bami, wayeko nami endhleleni
bendihamba ngayo. 4 Baza banikela u-
Yakobi bonke otixo basemzini abasesa-
ndhleni sabo, nawo amacici abekuzo indhle-
be zabo; owati u-Yakobi waziselela ngapa-
ntsi kwawo umkoba okufupi ne-Shekeme.
5 Kwandul' ukunduluka ke; saye sibako
isoyikiso SIKATIXO pezu kwezixeko eziba-
ngqongayo, baza *abantu bazo* abaputuma
emva kwabo onyana baka-Yakobi.
6 Wada wafika u-Yakobi e-Luze, esezwe-
ni le-Kanane, ekwa yiyo i-Betele, yena na-
bo bonke abantu ababenaye. 7 Waza wa-
ka kona isibingelo, wabiza indawo leyo
ngokuti yi-Ele-betele;* ngokuba bekukona
UTIXO watyileka kuye, akusaba ebusweni
bomkuluwe wake.
8 Kuloko wabubayo u-Debora, umo-
ndhlikazi ka-Rebeka, wanewatywa ngase-
zantsi kwe-Betele, pantsi kwayo iyeke, ega-
ma walibizayo nge-Alone-bakute.*
9 Wabuya wabonakala UTIXO ku-Yakobi,
akuba ebevele e-Padane-arame, wamtamsa-
nqela. 10 Wayesiti UTIXO kuye: Igama lako
ngu-Yakobi; alisayi kuba sabizwa igama
lako ngo-Yakobi, koko loba ngu-Sirayeli
igama lako; waza wambiza ngegama elingu-
Sirayeli. 11 Wati UTIXO kuye: Mina ndi-
NGUTIXO onamandhla onke; cuma, wande
nokwanda; isizwe, kwa nomhlambi wezizwe
uya kuvela kuwe, nokumkani baya kupuma
esinqeni sako; 12 nelilizwe endalinika ku-
Abrahame naku-Yisake, ndolinika kuwe;
nenzalo yako emva kwako ndiya kunika
elilizwe nakuyo. 13 Waza UTIXO wenyu-
ka kuye, kwa kulondawo apo abetetile naye
kona. 14 Wandula u-Yakobi wamisa isi-
mo sokukumbuza endaweni apo abetetile
naye kona, isimo sokukumbuza samatye;
watulula pezu kwaso umnikelo wokusela,
wagalela pezu kwaso ncoli. 15 Waye u-
Yakobi wabiza igama lalondawo, apo UTIXO
ebetetile naye kona, nge-Betele.
16 Bada banduluka e-Betele: kwaye ku-
seko indawana yomhlaba ukuba kufikwe
e-Eferata; wandula wazala u-Rakele, okwa-
kunzima kuye ekuzaleni kwake. 17 Kwa-
za kwati, kwakuba kunzima kuye ekuzale-
ni kwake, umzalisikazi wati kuye: Ungo-
yiki, ngokuba nalonyana uya kuba naye.
18 Kwaza kwati, ekupumeni kwompefumlo
wake, (ngokuba wafayo,) wambiza ngega-
ma elingu-Benoni;† kanti uyise wambiza
ngegama elingu-Benjamine.‡ 19 Wafa nja-
lo u-Rakele, wanewatywa endhleleni yase-
Eferata, ekwa yiyo i-Beteleheme. 20 Wa-
ye u-Yakobi wamisa isimo sokukumbuza
pezu kwencwaba lake: eso sisimo sokuku-
mbuza sencwaba lika-Rakele kude kube
yimmini yanamhla.
21 Wasuka wahamba u-Sirayeli, wayolu-
la intente yake ele kwe-Migidale-hedere.
22 Kwaye kute, uxa u-Sirayeli abehlala
kwelozwe, waya u-Rubene walala no-Bile-
ha, ishweshwe likayise: weva ke u-Sirayeli.

KEKALOKU onyana baka-Yakobi be-
belishumi elinababini. 23 Onyana baka-
Leya; ngowamazibulo ka-Yakobi u-Rube-
ne, no-Simone, no-Levi, no-Juda, no-Yisa-
kare, no-Zebulone. 24 Onyana baka-Rake-

* *Oko kukuti:* UTIXO we-Betele.

* *Oko kukuti:* Iyeke yokulila.
† *Oko kukuti:* Unyana wosizi lwami.
‡ *Oko kukuti:* Unyana wesokunene isandhla.



University of Fort Hare

le; ngu-Josefe, no-Benjamine. 25 Nonya-
na baka-Bileha, ikobokakazi lika-Rakele;
ngu-Dane, no-Nefatali. 26 Nonyana baka-
Zilipa, ikobokakazi lika-Leya; ngu-Gadi,
no-Ashere. Aba bangonyana baka-Yakobi,
abebezelwe kuye e-Padane-arame.

27 Wada u-Yakobi weza ku-Yisake uyi-
se e-Mamre, e-Kiriyate-areba, ekwa yiyo i-
Hebrone, apo babepambukele kona u-Abra-
hame no-Yisake. 28 Kekaloku imihla ka-
Yisake ibiyelikulu linamashumi asibozo
iminyaka. 29 Wada wapuma umpefumlo
u-Yisake, wafa, wabutelwa ebantwini bake,
emdala, ezele yimihla; baza onyana bake
u-Esau no-Yakobi bamncwaba.

36 EZI ke zizizizukulwana zika-Esau,
onguye u-Edome. 2 U-Esau wazeka
abafazi bake ezintombini zase-Kanane:
engu-Hada, intombi ka-Eloni um-Hete; no-
Holibama, intombi ka-Hana, intombi ka-
Tsibone um-Hivi; 3 no-Basemate, intombi
ka-Shimayeli, udade ka-Nebayoti. 4 Wa-
ti u-Hada wamzalela u-Esau u-Elifazi; no-
Basemate wazala u-Rehule; 5 no-Holiba-
ma wazala u-Yehushe, no-Yalame, no-
Kora. Aba bangonyana baka-Esau, abebe-
zelwe kuye elizweni le-Kanane.

6 Wada u-Esau watabata abafazi bake,
nonyana bake, nentombi zake, nabo bonke
abantu bendhlu yake, nenkomo zake,
nazo zonke izilo zake, nayo yonke impahla
yake abeyiqwebile elizweni le-Kanane,
waya kwe*linye* ilizwe ngennxa ka-Yakobi
umninawe wake. 7 Ngokuba ubutyebi
babo bebubukulu kukuba kuhlalwe nda-
wonye; laye ilizwe lokupambukela kwabo
libe likohliwe kukubatwala, ngetuba lenko-
mo zabo. 8 Wati ngoko u-Esau wahlala en-
tabeni ye-Sehire. U-Esau unguye u-Edome.

9 Kekaloku ezi zizizizukulwana zika-
Esau, uyise wama-Edome entabeni ye-
Sehire. 10 Ngawo la amagama onyana
baka-Esau: ngu-Elifazi, unyana ka-Hada,
umfazi ka-Esau; ngu-Rehule, unyana ka-
Basemate, umfazi ka-Esau. 11 Onyana
baka-Elifazi bebengu-Temani, u-Womare,
u-Tsefo, no-Gatame, no-Kenazi. 12 Wabe
u-Timna elishweshwe lika-Elifazi, unyana
ka-Esau; owamzalela u-Elifazi u-Amaleki:
aba bangonyana baka-Hada, umfazi ka-
Esau. 13 Ngaba nonyana baka-Rehule;
ngu-Nahate, no-Zera, no-Shama, no-Miza:
aba bebengonyana baka-Basemate, umfazi
ka-Esau. 14 Naba babengonyana baka-
Holibama, intombi ka-Hana, intombi ka-
Tsibone, umfazi ka-Esau; wamzalela u-
Esau u-Yehushe, no-Yalame, no-Kora.

15 Ezi ke zinkosana *zivela* konyana baka-
Esau: *kubo* onyana baka-Elifazi, owama-
zibulo ka-Esau; inkosana engu-Temani,
inkosana engu-Womare, inkosana engu-
Tsefo, inkosana engu-Kenazi, 16 inkosa-
na engu-Kora, inkosana engu-Gatame, in-
kosana engu-Amaleki: aba bazinkosana
*zivela* kuye u-Elifazi elizweni le-Edome;
aba bangonyana baka-Hada. 17 Naba
bangonyana baka-Rehule, unyana ka-Esau;
inkosana engu-Nahate, inkosana engu-Zera,
inkosana engu-Shama, inkosana engu-Miza:
aba bazinkosana *zivela* kuye u-Rehule eli-
zweni le-Edome; aba bangonyana baka-
Basemate, umfazi ka-Esau. 18 Naba ba-
ngonyana baka-Holibama, umfazi ka-Esau;
inkosana engu-Yehushe, inkosana engu-
Yalame, inkosana engu-Kora: aba bazin-
kosana *zivela* kuye u-Holibama, intombi
ka-Hana, umfazi ka-Esau. 19 Aba ke ba-
ngonyana baka-Esau, naba bazinkosana
*zivela* kubo: ngu-Edome lowo.

20 Aba bangonyana baka-Sehire um-
Hori, abemayo elozwe; u-Lotane, no-Sho-
bali, no-Tsibone, no-Hana, 21 no-Disho-
ne, no-Etsere, no-Dishane: aba bazinkosa-
na zama-Hori, onyana baka-Sehire, elizwe-
ni le-Edome. 22 Nonyana baka-Lotane
babengu-Hori, no-Hemame: nodade ka-
Lotane ngu-Timna. 23 Naba bangonyana
baka-Shobali; u-Alevane, no-Manahate, no-
Hebali, no-Shefo, no-Oname. 24 Naba
bangonyana baka-Tsibone; u-Aya, no-
Hana: nguye u-Hana lo owafumana imi-
tombo eshushu enklango, nxa abesalusa
amaqwarashe ka-Tsibone uyise. 25 Naba
bangonyana baka-Hana; u-Dishone: no-
Holibama uyintombi ka-Hana. 26 Naba
bangonyana baka-Dishone; u-Hemdane,
no-Shebane, no-Yiterane, no-Kerane. 27
Ngaba onyana baka-Etsere; u-Bilehane,
no-Zavane, no-Hakane. 28 Ngaba onyana
baka-Dishane; u-Hutse, no-Arane. 29
Ezi ke zinkosana zama-Hori; inkosana
engu-Lotane, inkosana engu-Shobali, inko-
sana engu-Tsibone, inkosana engu-Hana,
30 inkosana engu-Dishone, inkosana engu-
Etsere, inkosana engu-Dishane: aba ba-
zinkosana zama-Hori, pakati kwenkosana
zawo elizweni le-Sehire.

31 Naba bangokumkani abapata ubu-
kosi elizweni le-Edome, kungekabiko



University of Fort Hare

ukumkani opata ubukosi pezu kwosapo
luka-Sirayeli. 32 Waba ngukumkani e-
Edome u-Bela, unyana ka-Behori; negama
lesixeko sake laliyi-Dinaba. 33 Wada
wafa u-Bela, waza waba ngukumkani esi-
kundhleni sake u-Jobabe, unyana ka-Zera,
owase-Botsera. 34 Wafa u-Jobabe, waza
waba ngukumkani esikundhleni sake u-
Hushame, owasezweni lama-Temani. 35
Wafa u-Hushame, waza waba ngukumkani
esikundhleni sake u-Hadade, unyana ka-
Bedade, owabeta ama-Midiyane ezindhleni
zakwa-Mowabi; negama lesixeko sake
laliyi-Haviti. 36 Wafa u-Hadade, waza
waba ngukumkani esikundhleni sake u-
Samla, owase-Masereka. 37 Wafa u-Sa-
mla, waza waba ngukumkani esikundhleni
sake u-Saule, owase-Rehobote ngasemla-
njeni. 38 Wafa u-Saule, waza waba ngu-
kumkani esikundhleni sake u-Balihanane,
unyana ka-Kabore. 39 Wafa u-Baliha-
nane, unyana ka-Kabore, waza waba ngu-
kumkani esikundhleni sake u-Hadare; ne-
gama lesixeko sake laliyi-Pahu; negama
lomfazi wake lalingu-Mehetabele, intombi
ka-Materede, intombi ka-Mezahabi.

40 Ngawo la namagama enkosana *zivela*
kuye u-Esau, ngezizalwane zazo, ngendawo
zazo, ngamagama azo; inkosana engu-Ti-
mna, inkosana engu-Aleva, inkosana engu-
Yetete, 41 inkosana engu-Holibama, in-
kosana engu-Ela, inkosana engu-Pinone,
42 inkosana engu-Kenazi, inkosana engu-
Temani, inkosana engu-Mibitsare, 43 in-
kosana engu-Magidele, inkosana engu-
Hirame: aba bazinkosana zama-Edome,
ngendawo zabo zokuhlala elizweni loku-
fuya kwabo: ngu-Esau lo, uyise wama-
Edome.

37 KEKALOKU u-Yakobi wahlala eli-
zweni lokupambukela kwoyise, eli-
zweni le-Kanane.

2 Ezi ke zizizizukulwana zika-Yakobi.
U-Josefe, eyiminyaka ilishumi line-
sixenxe ubudala bake, ebesalusa igusha
kunye nabakuluwe bake; waye umfana lo
wanabo onyana baka-Bileha nonyana baka-
Zilipa, abafazi boyise: waza wazisa u-Jo-
sefe amareto amabi ngabo kuye uyise
wabo. 3 Waye u-Sirayeli watanda u-Jo-
sefe ngapezu kwabo bonke onyana bake,
ngokuba ebengunyana wobuxego bake:
wayemenzele ingubo yamabala ngamabala.
4 Baza abakuluwe bake, bakubona ukuba
uyise wabo uyamtanda ngapezu kwabo
bonke abakuluwe bake, bamzonda, bako-
hlwa nakukuteta naye ngoxolo.

5 Waye u-Josefe wapupa ipupa, wali-
xela kubakuluwe bake; baza bongezelela
ukumzonda ngakumbi. 6 Wayesiti ku-
bo: Kanipulapule elipupa endilipupileyo.
7 Kekaloku bona ke, sibe sibopa izitungu
pakati kwentsimi; kanjalo bona ke, sesuka
isitungu sami, sapakama nokupakama;
kanjako bona ke, izitungu zenu zema ngo-
kuti ngqonga, zatoba pantsi pambi kwesi-
tungu sami. 8 Bati kuye abakuluwe ba-
ke: Uya kupata amandhla pezu kwetu
ngennene na? woba nobukosi pezu kwetu
ngennene na? Baza bongezelela ukum-
zonda ngakumbi, ngennxa yamapupa ake,
nangennxa yamazwi ake. 9 Wabuya wa-
pupa nelinye ipupa, wabalisa kwa lona
kubakuluwe bake; wati: Bona ke, ndipu-
pile ipupa kanjako; kekaloku bona ke,
ilanga, nennyanga, nenkwenkwezi zilishu-
mi elinannye, zatoba pantsi pambi kwami.
10 Wati akuba ebalisele uyise nabakulu-
we bake, wandula uyise wamkalimela,
wati kuye: Yinto nina elipupa ulipupile-
yo? Size ngennyaniso na, mina, nonyoko,
nabakuluwe bako, sitobe pantsi pambi
kwako ngasemhlabeni? 11 Baye be-
nomona ngakuye abakuluwe bake; kanti
uyise wagqala isiteto eso.

12 Basuka abakuluwe bake baya kwalusa
igusha zoyise e-Shekeme. 13 Waza u-Sira-
yeli wati ku-Josefe: Abakuluwe bako aba-
lusi e-Shekeme na? Yiza, ndikutume kubo.
Wayesiti: Nanku, ndi*lapa*. 14 Wandul'
ukuti kuye: Zuye ukangele ukupila kwaba-
kuluwe bako, nokupila kwegusha, ukuba
kunjanina, ubuye uze kumi nelizwi. Waza
wamsusa emhlanjeni wase-Hebrone, wada
wafika e-Shekeme. 15 Yaza yafumanana
naye indoda: ngokuba, bona ke, ebedu-
ngudela ezindhle; yambuza indoda leyo
ngokuti: Ufuna 'nto nina? 16 Wayesiti:
Ndifuna abakuluwe bami; zunditYele ke
apo balusa kona. 17 Yati indoda: Bandu-
lukile apa; ngokuba kendeva besiti: Ma-
siye e-Dotane. Waza u-Josefe waputuma
abakuluwe bake, wabafumana e-Dotane.

18 Bati bakumbona esekude, kwa enge-
kasondeli kubo, bamceba ukuba bamfise.
19 Baye besiti omnye kwomnye: Nanku
lompupi esiza! 20 Yizani ke kaloku, sizo
simbulale, simpose kwomnye waleminxu-
ma; sasiya kuti: Udhliwe lirammewa;



University of Fort Hare

sandule sibone ukuba oba yinto nina ama-
pupa ake. 21 Koko wevayo u-Rubene,
wamhlangula ezandhleni zabo: wati: Ma-
singambulali ubomi. 22 Walekela u-Ru-
bene ukuti kubo: Ningapalazi igazi; mpo-
seni kulomnxuma osenklango, ningabeki
isandhla pezu kwake. *Watsho* ngokunga
angamhlangula ezandhleni zabo, ukuze
ambuyisele kuyise.

23 Kwaza kwati, nxa abefikile u-Josefe
kubakuluwe bake, bandula bamhluba u-
Josefe ingubo yake, ingubo yamabala nga-
mabala ebikuye; 24 bamtabata, bamposa
emnxunyeni: koko umnxuma ubuzé, enge-
ko 'manzi kuwo. 25 Baya bahlala pantsi
ukutya isonka; baza bapakamisa amehlo
abo, bakangela; kekaloku nali iqela lama-
Shimayeli livela e-Gileyadi, nenkamela
zawo zitwele inekote, netsori, nelote, eha-
mba ukuya kuzihlisela e-Jipete. 26 Waza
u-Juda wati kubazalwana bake: Kwonce-
da 'nto nina, ukuba sibulale umninawe
wetu, sifihle negazi lake? 27 Yizani, size
simtengise kuma-Shimayeli, siti esetu isa-
ndhla singabi pezu kwake; ngokuba e-
ngumninawe wetu, eyinnyama yetu. Baye
be*m*pulapula abazalwana bake. 28 Kwa-
ndu ukudhlula ama-Midiyane, engabate-
ngi; baza barola banyusa u-Josefe emnxu-
nyeni, bamtengisa u-Josefe kuma-Shima-
yeli lawo nge*shekele* zesilivere ezimashumi
mabini; ati wona amsa u-Josefe e-Jipete.
29 Kekaloku akuba u-Rubene ebuyele kuwo
umnxuma, bona ke, wayengeko u-Josefe
emnxunyeni; waza warazula izivato zake.
30 Wasuka wabuyela kubaninawe bake, wa-
ti: Umfana akako; nami ke, ndoya ngapina?

31 Baza batabata ingubo ka-Josefe, ba-
xèla itakane lebokwe, bayifaka ingubo
egazini. 32 Bandula ukutuma ingubo ya-
mabala ngamabala, bayisa kuyise, bati:
Le siyifumene; kaunakane ukuba iyingubo
yonyana wako na, asi yiyo kusinina. 33
Wayinakana, wati: Yingubo yonyana wa-
mi; udhliwe liramncwa; ngennyaniso u-
qwengiwe u-Josefe. 34 Waza u-Yakobi
warazula izivato zake, wabeka inklaka-
nklaka esinqeni sake, walilela unyana wake
imihla yamininzi. 35 Bandula besuka
bonke onyana bake, nazo zonke intombi
zake, ukuza kumkùza; koko walayo uku-
kùzeka; wayesiti: Ngokuba ndiya kuhla
ndililila nje ukuya kunyana wami enewa-
beni. Wamlilela njalo ke uyise.
36 Ati ama-Midiyane *amsa* e-Jipete
amtengisa ku-Potifare, umbusi ka-Faro,
inkosi yomlisela.

38 KWABEKUTE ngeloxesha, wehla
u-Juda kubazalwana bake, waya wa-
pambukela endodeni engum-Hadulame,
egama lalingu-Hira. 2 Wayebona apo u-
Juda intombi yendoda engum-Kanane,
egama lalingu-Shuha; waza wamzeka, wa-
ngena kuye. 3 Wandula wamita, wazala
unyana; waye *u-Juda* wambiza ngegama
elingu-Here. 4 Wabuya wamita, wazala
unyana, wambiza ngegama elingu-Onane.
5 Wongezelela *ukumita* nakanjako, wazala
unyana, wambiza ngegama elingu-Shela:
wayeko *uyise* e-Kezibe akumzala. 6 Wada
u-Juda wamtabatela u-Here, owamazibu-
lo wake, umfazi, ogama lalingu-Tamare.
7 Kodwa u-Here, owamazibulo ka-Juda,
ebekohlakele emehlweni KAYEHOVA; ngako
UYEHOVA wambubisa. 8 Waza u-Juda wati
ku-Onane: Ngena emfazini womkuluwe
wako, umzeke egameni lake, uze umvusele
umkuluwe wako inzalo. 9 Wayekwazi
u-Onane ukuba lenzalo ibingayi kuba ye-
yake; kwaza kwati, akuba engenile emfa-
zini womkuluwe wake, wacitela ngasem-
hlabeni, ukuze anganiki inzalo kumkuluwe
wake. 10 Kodwa kwakubi emehlweni
KAYEHOVA oko wakwenzayo; ngako wambu-
bisa naye. 11 Waza wati u-Juda ku-Ta-
mare umolokazana wake: Hlala ungum-
hlolokazi endhlwini kayihlo, ade akule
u-Shela unyana wami: ngokuba ebesiti:
Hleze uya kububa naye, njengabakuluwe
bake. Wandula wemka u-Tamare, waya
wahlala endhlwini kayise.

12 Kuse kuntsuku 'nninzi yafa intombi
ka-Shuha, umfazi ka-Juda; wada watutu-
zeleka u-Juda, wenyuka ukuya kubacebi
begusha zake, kwa yena no-Hira umhlobo
wake um-Hadulame, e-Timna. 13 Kwaza
kwaxelwa ku-Tamare ngokuti: Bona ke,
usondoda wako uyanyuka ukuya e-Timna,
acebe igusha zake. 14 Waza wasusa ingu-
bo zobuhlolokazi bake kwa kuye, wazigu-
bungela ngesigqubutelo, wazinameka, wa-
ya wahlala pantsi ngasesangweni le-Hena-
yime, ebingasendhleleni yokuya e-Timna;
ngokuba ebebona ukuba usel' ekulile u-
Shela, kanti akanikwanga kuye abe ngum-
fazi *noko*. 15 Kekaloku u-Juda, akum-
bona, waba uyingnawokazi, ngokokuba
egubungele ubuso bake. 16 Waza waji-
kela kuye ngasendhleleni, wati: Kauze



University of Fort Hare

ke, ndingene kuwe; (ngokuba ebengazi
ukuba ungumolokazana wake yena.) Wa-
yesiti: Uya kundinika 'nto nina, ukuze u-
ngene kumi? 17 Wati: Ndiya kukupa
itakane lebokwe emhlambini. Wayesiti:
Wondinika isibambiselo na, ude utume ke?
18 Waza wati: Sesinina isibambiselo endi-
ya kusinika kuwe? Wati: Ngumsesane
wako, nentsontelo yako, nomsimelelo wako
osesandhleni sako. Wamnika ke, wangena
kuye, waye yena wakaula ngaye. 19 Wa-
ndula wesuka, wemka ke, wasusa isigqu-
butelo sake kwa kuye, wambata ingubo
zobuhlolokazi bake. 20 Wati u-Juda wa-
tuma itakane lebokwe ngesandhla somhlo-
bo wake um-Hadulame, ukuze asamkele
isibambiselo eso esandhleni somfazi: ko-
dwa akamfumana. 21 Waza wabuza aba-
ntu basendaweni yake, esiti: Upina umpi-
nyiswa obese-Henayime ngasendhleleni?
Bati: Akwabiko apa umpinyiswa. 22 Wa-
da wabuyela ku-Juda, wati: Andingem-
fumane; kanjalo nabantu balondawo ba-
ti: Akwabiko apa umpinyiswa. 23 Wa-
yesiti u-Juda: Makazitabatele *sona*, hleze
sihlaziswe; bona ke, ndatuma elitakane,
kanti wena akumfumananga.

24 Kwaye kute, sekunnyanga zanga
zintatu, kwaxelwa ku-Juda ngokuti: We-
nzile umbulo u-Tamare, umolokazana wa-
ko; nakanjako, bona ke, umiti ngombulo.
Waza wati u-Juda: Mvelise, atshiswe!
25 Kekaloku akuveliswa, wandula watu-
ma kusondoda wake ukuti: Indoda ezize-
zayo ezi*zinto*, ndimitisiwe kwa yiyo; wati
kanjalo: Uze unakane ungokabanina lo-
msesane, nalentsontelo, nalomsimelelo. 26
Waye u-Juda wazinakana, wati: Undigqi-
tisile ngokulunga; ngennxa yokuba ndi-
ngamnikanga ku-Shela unyana wami. Wa-
ye engasongezi ukumazi.

27 Kwaye kute, ngexesha lokuba azale,
nanga amawele esizalweni sake. 28 Kwaza
kwati, ekuzaleni kwake, *elinye* lapumisa
isandhla; wasitabata umzalisikazi, wabopa
pezu kwesandhla salo *usinga* olubomvu,
esiti: Eli lapuma kuqala. 29 Kwabekute
kekaloku, nxa libuyisile isandhla salo, bona
ke, wapuma umninawe walo. Waza wati:
Ute nina ukugqoboza? makube pezu kwako
ukugqoboza *oku!* Ngako kwabizwa igama
lake ngo-Faretse.* 30 Kwati kamva, wa-
puma umkuluwe wake, lowo lube lupezu
kwesandhla sako *usinga* olubomvu: kwaye
kubizwa igama lake ngo-Zera.

39 KEKALOKU u-Josefe wabehliselwe
e-Jipete; waza u-Potifare, um-
busi ka-Faro, inkosi yomlisela, indoda
engum-Jipete, wamtenga esandhleni sama-
Shimayeli, abemhlisele kona. 2 Waza
UYEHOVA wanaye u-Josefe, wada waba
yindoda enokutamsanqeleka; waye esen-
dhlwini yenkosi yake, yom-Jipete. 3 Ya-
bona inkosi yake ukuba UYEHOVA unaye,
nokuba konke akwenzayo, UYEHOVA uya-
tamsanqelekisa kona esandhleni sake.
4 Wandula u-Josefe wafumana ufefe eme-
hlweni ayo, wayikonza: kanjako yamo-
ngamisa pezu kwendhlu yayo, nako ko-
nke ibinako yakunikela esandhleni sake.
5 Kwaza kwati kuseloko yabimongamisa
pezu kwendhlu yayo, napezu kwako konke
inako, watamsanqela UYEHOVA indhlu yom-
Jipete ngennxa yake u-Josefe; lide laba-
ko itamsanqeliso LIKAYEHOVA pezu kwako
konke inako, endhlwini nasendhle. 6 Ya-
bishiya konke inako esandhleni sika-Josefe;
yayingayazi nanto *eli*kuye, kupela isonka
eyasityayo. Kekaloku u-Josefe ubemhle
isimilo sake, wamhle nokubonakala kwake.

7 Kwaye kute emveni kwezizinto, umfazi
wenkosi yake wajolisa amehlo ake ngaku-
Josefe; wati: Uz' undilale! 8 Koko wala-
yo, wati emfazini wenkosi yake: Bona ke,
inkosi yami ayikwazi oko kukumi endhlwi-
ni; nako konke inako ikunikele esandhleni
sami. 9 Akuko 'muntu kulendhlu omkulu
kumi; yayingabambanga 'nto kumi, kupe-
la wena, ngokokuba ungumfazi wayo; ndi-
ngati nina ke ukwenza obububi bukulu,
ndone ngakuye UTIXO? 10 Kwaye kute,
akuteta no-Josefe imihla ngemihla, akam-
pulapulanga noko ukuba alale ngakuye,
*nokuba* abe ndawonye naye.

11 Kwada kwati ngomhla otile, wangena
*u-Josefe* endhlwini ukuze awenze umsebenzi
wake; kwaye kungeko kona endhlwini
nanye emadodeni endhlu. 12 Waza wam-
bamba ngengubo yake, esiti: Uz' undilale!
Koko washiya ingubo yake esandhleni sake,
wabaleka, wapuma ngapandhle. 13 Kwaza
kwati, akubona ukuba ushiyile ingubo
yake esandhleni sake, nokuba ubalekele
pandhle, 14 wabiza amadoda endhlu yake,
watsho kuwo esiti: Bonani ke, *inkosi* inge-
nisile kuti indoda engum-Hebere, ukuba
idhlale ngati; yangena kumi ukuza kulala

* *Oko kukuti:* Isigqobozo.



University of Fort Hare

nami, ndaza ndakala ngelizwi elikulu: 15
kwaza kwati, yakuva ukuba ndipakamisile
ilizwi lami, ndakala, yaselishiya ingubo
yayo ngakumi, yabaleka, yapuma ngapa-
ndhle. 16 Waye ingubo yayo wayibekela
ngakuye, ide yafika inkosi yayo ekaya. 17
Wandula wateta nayo kwa njengalamazwi,
esiti: Sangena kumi isicaka esingum-He-
bere, eso wabusizisa kuti, ukuza kudhlala
ngami: 18 kwaza kwati, ndakupakamisa
ilizwi lami, ndakala, sasesishiya ingubo
yaso ngakumi, sabalekela pandhle. 19
Kwaye kute, nxa ibivile inkosi yaso ama-
zwi omfazi wayo, lawo wawateta kuyo,
esiti: Kunjengalamazwi senzile kumi isi-
caka sako; wandu ukuvuta umsindo wayo.
20 Yaza inkosi ka-Josefe yamtabata, yam-
faka entolongweni, endaweni ababanjwa
bokumkani babebanjelwe kuyo: wayekona
ke entolongweni apo.

21 Kuloko UYEHOVA ebenaye u-Josefe,
wamjikisela ububele, wamnika ufefe eme-
hlweni ake umpati wentolongo. 22 Waza
umpati wentolongo wanikela esandhleni
sika-Josefe bonke ababanjwa ababesento-
longweni: nako konke babekwenza kona,
kwakusenzwa nguye. 23 Umpati wento-
longo ebengakangeli nannye into epantsi
kwesandhla sake, ngenxa yokuba UYEHOVA
ebenaye; nako konke abekwenza, UYEHOVA
wakutamsanqelekisa.

40 KWAYE kute emveni kwezizinto,
umncamli wokumkani we-Jipete,
naye umoji, bona ngakuyo inkosi yabo, u-
kumkani we-Jipete. 2 Waye u-Faro wa-
qumba ngakubo *aba*babusi bake ababini,
ngakuye umpati wabancamli, nangakuye
umpati waboji. 3 Waza wabanikela ekugci-
nweni endhlwini yenkosi yomlisela, ento-
longweni, endaweni u-Josefe wayebanje-
lwe kona. 4 Yati inkosi yomlisela yamo-
ngamisa u-Josefe pezu kwabo, ukuba aba-
konze: kwakumzuzu babeko ekugcinweni
*apo*.

5 Bada bapupa ipupa bobabini, omnye
nomnye ipupa lake ngobusuku bunye,
omnye nomnye njengokutyilwa kwepupa
lake, umncamli nomoji aba*lunge* kukumka-
ni we-Jipete, ababebanjelwe entolongweni.
6 Wayengena kubo u-Josefe kwakusa, wa-
bakangela; kekaloku bona ke, babekeda-
mile. 7 Waza wabuza ababusi baka-Faro,
ababenaye ekugcinweni endhlwini yenkosi
yake, esiti: Kungetuba lanina ukuba ubu-
so benu buti kunubembe namhla nje?
8 Bati kuye: Sipupile ipupa, kanti akako
olityilayo. Wayesiti kubo u-Josefe: Izi-
tyilo asi ZEZIKATIXO na? kenindibalisele
*wona*?

9 Waza umpati wabancamli wambali-
sela u-Josefe ipupa lake, wati kuye:
Epupeni lami, kekaloku nangu umti we-
veyine ebusweni bami; 10 nakuwo umti
weveyine lowo amasebe matatu; wanga
uqumbi ke; intyatyambo zawo zadubula;
izipa zazo zahlanza idreyive ezivutiweyo.
11 Kanjalo indebe ka-Faro ibisesandhleni
sami; ndaza ndatabata idreyive ezo, nda-
zixafanga endebeni ka-Faro, ndanikela
indebe esandhleni sika-Faro. 12 Waye-
siti kuye u-Josefe: Oku kukutyilwa kwa-
lo: lawo amasebe matatu ayimihla ekwa
mitatu. 13 Pakati kwemihla isemitatu
uya kupakamisa u-Faro inkloko yako, aku-
buyisele ebumeni bako: wauya kunikela
indebe ka-Faro esandhleni sake, njengesiko
lapambili okuya ubungumncamli wake.
14 Zundikumbule kodwa, nxa kuya kulu-
nga kuwe, uke undenzele ububele, undi-
kankanye ku-Faro, undipumise kulendhlu:
15 ngokuba okunene ndibe ndipangwa eli-
zweni lama-Hebere; ndandite nalapa ndi-
ngenzanga 'nto yokuba bandibeke kwesisi-
hogo.

16 Kekaloku umpati waboji akubona
ukuba ukutyilwa kulungile, wandula wati
ku-Josefe: Nami bendisepupeni lami: ke-
kaloku nazi izitya zitatu zezimhlope *izonka*
pezu kwenkloko yami; 17 nasesityeni sa-
pezulu inklobo zonke zokutya kuka-Faro,
umsebenzi womoji; zaza intaka zazidhla
kwa sesityeni esasipezu kwenkloko yami.
18 Wapendula u-Josefe wati kuye: Oku
kukutyilwa kwalo: ezozitya zitatu ziyimi-
hla ekwa mitatu. 19 Pakati kwemihla
isemitatu uya kupakamisa u-Faro inkloko
yako kwa kuwe, akuxòme pezu kwomti;
zoti intaka ziyidhle inyama yako kwa
kuwe.

20 Kwaye kute ngomhla wesitatu, ngom-
hla wokuzalwa kuka-Faro, ukuba wenze-
la zonke izicaka zake umtendeleko; wa-
ndula wapakamisa inkloko yompati waba-
ncamli, nenkloko yompati waboji, pakati
kwezicaka zake. 21 Waza wabuyiselela
umpati wabancamli ubuncamli bake, owa-
nikela indebe esandhleni sika-Faro; 22
kanti umpati waboji wamxòma; njengo-
kuba ebetyilile kubo u-Josefe. 23 Kodwa



University of Fort Hare

umpati wabancamli akamkumbulanga u-
Josefe, wamlibala.

41 KWAYE kute ekupeleni kwexesha
leminyaka mibini, wandula u-Faro
wapupa; kekaloku bona ke, wayemi nga-
semlanjeni. 2 Kanjalo bona ke, zenyuka
emlanjeni imazi ezisixenxe, zizinkle ngo-
kubonakala, zityebile ngennyama, ezazi-
sitya ennceni. 3 Kwaza kwati, bona ke,
kwenyuka emva kwazo emlanjeni apo ezin-
nye imazi ezikwa sixenxe, zizimbi ngo-
kubonakala, zibityile ngennyama; zaya
zema ngakuzo *ezinnye* imazi elunxwemeni
lwomlambo. 4 Zasuka ezomazi ezimbi
ngokubonakala, ezibityileyo ngennyama,
zazidhla imazi zosixenxe ezinkle ngoku-
bonakala, ezityebileyo nokutyeba. Wandu-
la ukuvuka u-Faro. 5 Wabuya walala,
wapupa ngokwesibini: kekaloku, nazi izi-
kwebu ezisixenxe zipumile ezeleni linye,
zityebile, zilungile nokulunga. 6 Zaye
zidubula emva kwazo izikwebu zikwa zisi-
xenxe ezinqinileyo, ezigugisiweyo ngum-
moya wasempumalanga. 7 Zaza izikwebu
zosixenxe ezinqinileyo zaginya ezozikwebu
zisixenxe ezityebileyo, ezibonxileyo noku-
bonxa. Wandula ukuvuka u-Faro; keka-
loku bona ke, lipupa.
8 Kwaye kute kwakusa, ummoya wake
wauxalile; watuma ke, wabiza zonke inncibi
zase-Jipete, nazo zonke izilumko zakona;
waza u-Faro wazibalisela ipupa lake; kodwa
akwabiko 'mntu obenokuwatyila ku-Faro.
9 Wandula wateta umpati wabancamli ku-
Faro, esiti: Izono zami ndiyazikumbula
namhla nje. 10 U-Faro ubequmbele izi-
caka zake, wandinikela ekugcinweni
endhlwini yenkosi yomlisela, kwa mina
nompati waboji. 11 Saza sapupa ipupa
ngobusuku bunye, mina naye; sapupa nga-
banye njengokutyilwa kwamapupa etu.
12 Kwaye kuko apo nati indodana engum-
Hebere, isicaka senkosi yomlisela; saza
saxela kuyo, eyasityilela amapupa etu;
yatyilela omnye nomnye njengepupa lake.
13 Kwaza kwati, njengoko yasityilelayo,
kwaba njalo: mina yandibuyisela ebume-
ni bami, naye yamxòma.
14 Wandula watuma u-Faro wabiza u-
Josefe; baya bamkupa ngobunxamo esiho-
gweni; waza wagnya, waguqula izivato
zake, wangena ku-Faro. 15 Wayesiti u-
Faro ku-Josefe: Ndipupile ipupa, kanti
akuko 'mntu ongalityilayo; kendivile ko-
dwa ngawe ukuti, uyaqonda ipupa ukuli-
tyila.
16 Waza u-Josefe wapendula ku-Faro,
esiti: Akuko kumi *oko*. UTIXO wopendula
u-Faro ngoxolo.
17 Wandula wateta u-Faro ku-Josefe,
*wati*: Epupeni lami, bona ke, ndema ngase-
lunxwemeni lwomlambo. 18 Kekaloku
bona ke, zenyuka emlanjeni imazi ezisixe-
nxe, zityebile ngennyama, zizinkle ngesi-
milo, ezazisitya enneeni. 19 Kanjalo bona
ke, ezinnye imazi ezikwa sixenxe zenyuka
emva kwazo, zinqinile, zizimbi kakulu
ngesimilo, zibityile ngennyama; endinga-
zanga ndibone ezinjalo kulo lonke ilizwe
le-Jipete ukuba zimbi kangaka. 20 Zaza
ezomazi zibityileyo ezimbi zazidhla ezoku-
qala imazi zosixenxe ezityebileyo; 21 eza-
zite, noko zingenileyo esiswini sazo, akwa-
ziwa ukuba zingenile esiswini sazo; ngo-
kuba ukubonakala kwazo bekukubi njenga-
sekuqaleni. Ndandula ukuvuka. 22 Nda-
buya ndabona epupeni lami, kekaloku, nazi
ke izikwebu ezisixenxe zipumile ezele-
ni linye, zibonxile, zilungile nokulunga.
23 Kanjalo bona ke, izikwebu ezikwa zi-
sixenxe, ezishwenyileyo, ezinqinileyo, ezi-
gugisiweyo ngummoya wasempumalanga,
zazidubula emva kwazo. 24 Zaza ezizi-
kwebu zinqinileyo zaginya ezozikwebu
zisixenxe ezilungileyo. Kekaloku sendizi-
xelele inncibi, kodwa akuko 'mntu onga-
ndicazelayo.
25 Wandula wati u-Josefe ku-Faro:
Ipupa lika-Faro linye: oko UTIXO aza ku-
kwenza, ukushumayele ku-Faro. 26 Ezo-
mazi zisixenxe ezilungileyo ziyiminyaka
ekwa sixenxe, nezozikwebu zisixenxe ezi-
lungileyo ziyiminyaka ekwa sixenxe; ipu-
pa linye. 27 Kanjalo ezomazi zisixenxe
ezibityileyo ezimbi, ezibe zinyuka emva
kwazo, ziyiminyaka esixenxe nazo; nezo-
zikwebu zisixenxe eziputileyo, zigugisiwe
ngummoya wasempumalanga, zoba yimi-
nyaka esixenxe yendhlala. 28 Eli lilizwi
endilitetileyo ku-Faro: Oko UTIXO aza ku-
kwenza, umbonisile u-Faro kona. 29 Bona
ke, kuza kufika iminyaka isixenxe yobuni-
nzi obukolisileyo kulo lonke ilizwe le-
Jipete. 30 Kwandule ukusuka iminyaka
isixenxe yendhlala emva kwayo; bude
bulityalwe bonke obobuninzi elizweni le-
Jipete; iti ke indhlala igqibele ilizwe.
31 Kanjalo abuyi kwaziwa ubuninzi obo
elizweni, ngennxa yaleyondhlala ibulande-



University of Fort Hare

layo; ngokuba iya kuba nzima kunene
yona. 32 Nokokuba ipupa lapindwa ku-
Faro kabini, kukuba iqinisiwe lendawo
NGUTIXO, nokuba eya kunxama UTIXO uku-
yenza. 33 Makati kaloku u-Faro afune
indoda enokuqonda elumkileyo, ayimise
pezu kwalo ilizwe le-Jipete. 34 Makenje
*njalo* u-Faro, aze ongamise abongama pezu
kwelizwe, atabate esesihlanu isahlulo so-
kwelizwe le-Jipete ngayo iminyaka isixe-
nxe yobuninzi. 35 Mababute bona konke
ukutya kwaleminyaka ilungileyo ezayo,
bayibekele innqolowa ngapantsi kwesa-
ndhla sika-Faro, ibe kukutya ezixekweni,
bayigcine. 36 Okokutya makube yimbe-
kelo yelizwe, ngennxa yayo iminyaka isi-
xenxe yendhlala eya kubako ezweni le-
Jipete; lize ilizwe lingabubi ngendhlala.
37 Lalibe elozwi lilungile emehlweni
ka-Faro, nasemehlweni azo zonke izicaka
zake. 38 Waza wati u-Faro ezicakeni
zake: Singafumana onjengaló yinina, indo-
da umoya KATIXO ukuyo? 39 Waye u-
Faro wati ku-Josefe: Ekubeni UTIXO ekwa-
zisile konke oku, akuko 'mntu ongangawe
ekuqondeni nasekulumkeni. 40 Woba
wena upezu kwendhlu yami, nangelizwi
lako baya kuzilungisa bonke abantu bami;
kupela eteroneni ndiya kuba mkulu kuwe.
41 Walekela u-Faro wati ku-Josefe:
Kangela, ndikumisile pezu kwalo lonke
ilizwe le-Jipete. 42 Waza u-Faro watula
umsesane wake esandhleni sake, wawufaka
esandhleni sika-Josefe, wamambatisa izi-
vato zeqiya eshiceneyo, wabeka isambalo
segolide entanyeni yake; 43 wamkwelisa
kweyesibini innqwelo abenayo; kwaza
kwadandulukwa pambi kwake *ngokuti:*
Guqa ngedolo! Wenje njalo ke ukummisa
pezu kwalo lonke ilizwe le-Jipete. 44 Wa-
yesiti u-Faro ku-Josefe: Mina ke ndinguye
u-Faro; kodwa ngapandhle kwako akuko
'mntu oya kupakamisa isandhla sake no-
nyawo lwake kulo lonke ilizwe le-Jipete.
45 Waza u-Faro wabiza u-Josefe ngegama
elingu-Tsafenate-paneha, wamnika u-Ase-
nate, intombi ka-Potifera, umperisite we-
One, abe ngumfazi. Waye u-Josefe wapu-
mela pezu kwelizwe le-Jipete.

46 KEKALOKU u-Josefe ebeyiminyaka
imashumi matatu ubudala bake, akuma
ebusweni buka-Faro ukumkani we-Jipete.
Waza u-Josefe wapuma ebusweni buka-
Faro, wacanda kulo lonke ilizwe le-Jipete.
47 Ute umhlaba wakolisa kuyo iminyaka
isixenxe yobuninzi ukuvelisa kakulu.
48 Waza wabuta konke ukutya kwa*le*mi-
nyaka isixenxe, eyabiko elizweni le-Jipete,
wakubeka ukutya ezixekweni: ukutya
kwamasimi esixeko, lawo asingqongayo,
wakubeka pakati kwaso. 49 Waye u-Josefe
wabekela innqolowa njengenklabati yolwa-
ndhle, ngento enninzi kunene, wada wa-
yeka ukubala; ngokuba ibingenako uku-
balwa.
50 Kwaye kuzalwa ku-Josefe onyana
bababini, ingekafiki iminyaka yendhlala,
abemzalela bona u-Asenate, intombi ka-
Potifera, umperisite we-One. 51 Waza
u-Josefe wabiza igama lowamazibulo ngo-
Manase: * Ngokuba UTIXO, *watsho*, endiliba-
lisile lwonke usizi lwami, kwa nayo yonke
indhlu kabawo. 52 Negama lowesibini
walibiza ngo-Frayime: † Ngokuba UTIXO,
*watsho*, undicumisile elizweni lokubandeze-
lwa kwami.
53 Yada yapela *le*minyaka isixenxe yo-
buninzi, obube buko elizweni le-Jipete.
54 Yandula yaqala eyendhlala iminyaka
esixenxe ukufika, njengokuba ebetshilo u-
Josefe. Yaza yabako indhlala kuwo onke
amazwe; kanti kulo lonke ilizwe le-Jipete
kwakuko isonka. 55 Kekaloku lakulamba
lonke ilizwe le-Jipete, bandula abantu
ukukalela isonka ku-Faro; waza wati u-
Faro kuwo onke ama-Jipete: Hambani
niye ku-Josefe; oko akutshoyo kuni, ni-
kwenze. 56 Yaye indhlala ibako pezu
kwobuso bonke bomhlaba. Waza u-Josefe
wavula zonke *indawo ebekubekelwe* kuzo, wa-
tengisa kuma-Jipete; ngokuba indhlala
ibinamandhla elizweni le-Jipete. 57 Asu-
ka amazwe onke eza e-Jipete, ku-Josefe,
ukuza kutenga; ngokuba indhlala ibina-
mandhla emazweni onke.

42 KEKALOKU akubona u-Yakobi uku-
ba kuko innqolowa e-Jipete, wandula
wati u-Yakobi konyana bake: Yinina uku-
ba nikangelane? 2 Wayesiti: Bona ke,
ndivile ukuba kuko innqolowa e-Jipete;
hambani nihlele kona, nisitengele kwa
lapo, size sidhle ubomi, singafi. 3 Baza
behla abakuluwe baka-Josefe boshumi,
ukuya kutenga innqolowa e-Jipete. 4 Ko-
dwa u-Benjamine, umninawe ka-Josefe,

* *Oko kukuti:* Olibalisayo.
† *Oko kukuti:* Ocumileyo.



University of Fort Hare

akamtuma u-Yakobi kunye nabakuluwe
bake; ngokuba ebesiti: Hleze ahlelwe
sisenzakalo.
5 Basuka onyana baka-Yakobi beza ku-
tenga pakati kwabo babesiza; ngokuba
indhlala ibiko elizweni le-Kanane. 6 Waye
u-Josefe ebengumpati pezu kwelozwe;
wanguye obetengisa kubo bonke abantu
belizwe; bandula beza abakuluwe baka-
Josefe, baziqubuda pambi kwake, ubuso
*babo* bungasemhlabeni. 7 Waza u-Josefe
wabona abakuluwe bake, wabazi; kodwa
wazenza owasemzini kubo, wateta nabo
ngobulukuni, wati kubo: Nivela pina?
Bati: Sivela ezweni le-Kanane, ukuza ku-
tenga ukutya. 8 Kekaloku u-Josefe ebe-
bazi abakuluwe bake; kodwa bona bebe-
ngamazi yena. 9 Waza u-Josefe waku-
mbula amapupa abewapupile ngabo, wati
kubo: Nizinklola; nize kubona ukuba zé
kwelizwe. 10 Bati kuye: Hai, nkosi ya-
mi! izicaka zako zize kutenga ukutya.
11 Tina sonke singonyana bendoda 'nnye;
singabennyaniso tina; izicaka zako azizizo
inklola. 12 Koko wati kubo: Hai, nize
kubona ukuba zé kwelizwe. 13 Baza bati:
Izicaka zako zingabazalwana abalishumi
linababini, bengonyana bendoda 'nnye ya-
sezweni le-Kanane; kekaloku bona ke,
omncinane unobawo namhla, omnye kanti
akaseko. 14 Wandula wati u-Josefe kubo:
Kuko oko endandikuteta kuni, ndisiti:
Nizinklola. 15 Ngako oku niya kulingwa.
Bomi bo-Faro! aniyi kupuma kule*ndawo*,
kupela ekuzeni kwomninawe wenu omnci-
nane apa. 16 Susani abe 'mnye wakuni,
aye kutabata umninawe wenu; nina ko-
dwa niya kubanjwa entolongweni; aze ama-
zwi enu alingwe, ukuba *kuko* innene kuni
kusinina: okanye, bomi bo-Faro! ngennya-
niso nizinklola. 17 Waza wababeka bonke
ndawonye ekugcinweni imihla yamitatu.
18 Waye u-Josefe ngomhla wesitatu wati
kubo: Kwenzeni oku, nize nidhle ubomi;
UTIXO ndimoyika njo. 19 Ukuba ninga-
bennyaniso, makabanjwe omnye wabaza-
lwana benu endhlwini yokugcinwa kwenu;
nize nihambe nina, nise innqolowa ngen-
nxa yokulamba kwezindhlu zenu. 20 Ko-
dwa umninawe wenu omncinane nimzise
kumi; aya kwandula anyaniswe amazwi
enu, naningayi kufa. Benje njalo ke.
21 Baza bati omnye kwomnye: Sinetyala
ngennyaniso pezu kwomninawe wetu, eku-
beni sibe sibona uxinezeko lwompefumlo
wake akusitaruzisa, kanti sasingapulapuli
*noko*; kukona obubunzima busihleleyo.
22 Wabapendula u-Rubene, esiti: Bendi-
ngatsho na kuni ukuti: Ningamoni umfa-
na; naye ningeva ke? Ngako, bona ke,
negazi lake liyabuzwa. 23 Baye bengazi
ukuba u-Josefe uyeva; ngokuba bekuko
ikumsha pakati kwabo. 24 Waza wajika
kubo, walila; wada wabuyela kubo, wateta
nabo, wasusa kubo u-Simone, wamnxiba
pambi kwamehlo abo.
25 Wandula waxela u-Josefe ukuba ma-
kuzaliswe innxowa zabo ngennqolowa, no-
kuba kubuyiselwe imali zabo abanye nga-
banye ezinnxoweni zabo, nokuba bapiwe
umpako wendhlela; kwaye kusenziwa
njalo kubo. 26 Baza batwesa amaqwara-
she abo ngennqolowa yabo, bemka apo.
27 Ute omnye, akuvula innxowa yake,
ukuba anike iqwarashe lake ukutya enda-
weni yokulalisa, wabona imali yake: ngo-
kuba, bona ke, ibisemlonyeni wennxowa
yake. 28 Waza wati kubazalwana bake:
Imali yami ibuyisiwe; kanjalo, nantsi
ikwa sennxoweni yami. Kwaza kwapuma
inkliziyo yabo, bajikelana ngokungcangca-
zela, besiti: Kuyinina oku UTIXO akwenzi-
leyo kuti?
29 Bada beza ku-Yakobi uyise ezweni
le-Kanane, bamshumayeza konke okubahle-
leyo, besiti: 30 Indoda, *e*yinkosi yelolizwe,
yateta nati ngokulukuni, yasibala ngokuba
zinklola zelizwe. 31 Saye sisiti kuyo:
Singabo abennyaniso; asizizo inklola:
32 singabazalwana abalishumi linababini,
onyana bobawo wetu; omnye akaseko,
nomncinane ukwa nobawo namhla ezweni
le-Kanane. 33 Yaza yati kuti londoda,
inkosi yelizwe: Ngako oku ndiya kukwazi
ukuba ningabennyaniso: mshiyeni kumi
abe 'mnye wabazalwana benu, nitabatele
ukulamba kwezindhlu zenu *ukutya*, nihambe
ke. 34 Nize nimzise umninawe wenu
omncinane kumi; ndandiya kukwazi uku-
ba anizizo inklola, koko ningabo abennya-
niso: umzalwana wenu ndiya kumnikela
kuni, naniya kutenga elizweni.
35 Kwaye kute, besakukupa ezinnxo-
weni zabo, nanga ke amabatu emali zabo
abanye ngabanye esezinnxoweni zabo:
baza bati, bakubona amabatu emali, kwa
bona noyise wabo, banokwoyika. 36 Wa-
yesiti kubo u-Yakobi uyise wabo: Mina ke
nindihlutile abantwana *bami*; u-Josefe aka-
seko, no-Simone akaseko, no-Benjamine



University of Fort Hare

niya kumsusa: zonke ezizinto zi*nzima* pezu
kwami. 37 Waza watsho u-Rubene kuyise
ukuti: Onyana bami bobabini ubabulale,
ukuba andimzisi kuwe; mnikele esandhle-
ni sami, ndandiya kumbuyisela kuwe.
38 Wayesiti: Unyana wami akayi kuhla
nani; ngokuba umkuluwe wake efile, waye
yena esele yedwa: naxeshekweni ahlelwa
sisenzakalo endhleleni enihamba ngayo,
niya kwandula nihlise izimvi zami ngosizi
ngasencwabeni.

43 KEKALOKU indhlala ibinzima kwe-
lozwe. 2 Kwaza kwati, nxa babe-
gqibele ukutya innqolowa abebevele nayo
e-Jipete, wati uyise kubo: Buyani, niye
nisitengele intwana yokudhla. 3 Waza
watsho u-Juda kuye ukuti: Yanqinisa ka-
kulu kuti indoda leyo, isiti: Anisayi ku-
bona ubuso bami, engeko nani umninawe
wenu. 4 Ukuba uya kutuma umninawe
wetu nati, sohla ukuya kukutengela uku-
tya. 5 Ukuba kodwa akuyi kumtuma,
asiyi kuhla; ngokuba indoda leyo ibisiti
kuti: Anisayi kubona ubuso bami, engeko
nani umninawe wenu.

6 Waza wati u-Sirayeli: Ibiyinina uku-
ba nindipete kakubi kangakanana, nada
natyela londoda ukuti kuseko kuni umni-
nawe? 7 Bati: Yazingisa indoda leyo
ukusibuza okwetu, nokwesalamane setu,
isiti: Uyihlo usahleli na? kuseko kuni
umninawe na? saza sayityela kwa ngoku-
teta kwalamazwi: saka sakwazi na ukuba
woti: Yihlani nomninawe wenu?

8 Wandula wati u-Juda ku-Sirayeli
uyise: Tuma umfana nami, sasiya kusuka
sihambe; size sidhle ubomi, singafi nokufa,
kwa tina, nawe wena, nabantwana betu
kanjalo. 9 Ndoti mina ndimbambisele;
kwa sesandhleni sami uya kumbiza: uku-
ba andimzisi kuwe, ndimbeke pambi kwa-
ko, mandandule ukunikwa ityala nguwe
yonke imihla *yami*. 10 Ngokuba kekaloku
ukuba sasingazilazilanga, ngesiba okunene
kaloku nje sise sibuyile ngokwesibini.

11 Waza wati kubo u-Sirayeli uyise
wabo: Ukuba kunje nje ke, kanenze oku:
tabatani kwezinconyiweyo iziqamo zelili-
zwe ezityeni zenu, nihlisele londoda ibaso,
intwana yetsori, nentwana yenncindi, ine-
kote nelote, ibotene nezamonde. 12 Taba-
tani nemali yokupindisa esandhleni senu;
nemali eyayibuyiswa emlonyeni wennxowa
zenu, nibuye niyipate esandhleni senu;

kungati sisiposo. 13 Tabatani nomninawe
wenu, nisuke, nibuye niye endodeni leyo.
14 Aze UTIXO onamandhla onke ange anga-
ninika ububele ebusweni bendoda, ukuba
indulule nani umzalwana wenu omnye no-
Benjamine! Okwami, nxa ndihlutwa aba-
ntwana, ndiyahlutwa.

15 Aza amadoda lawo atabata elobaso,
nemali epindiweyo ayitabata esandhleni
sawo, kwa no-Benjamine; esuka ke, ehlela
e-Jipete, ema ebusweni bake u-Josefe.
16 Wandula u-Josefe, akumbona u-Benja-
mine enawo, wati kopezu kwendhlu yake:
Ngenisa lamadoda endhlwini, uxèle isixèlo,
uze ulungise; ngokuba lamadoda eya ku-
dhlelana nami emmini enkulu. 17 Yenje
njalo indoda leyo njengokuba ebetshilo u-
Josefe; yaye indoda yangenisa amadoda
lawo endhlwini ka-Josefe.

18 Andu ukwoyika amadoda lawo, ngo-
kuba engenisiwe endhlwini ka-Josefe, ati:
Kungennxa yemali ebibuyiswa ezinnxoweni
zetu ngokwokuqala, lento singenisiweyo,
ukuze agaleleke pezu kwetu, asiwele, asi-
bambe sibe ngamakoboka, kwa namaqwa-
rashe etu. 19 Aza asondela kulondoda
ipezu kwendhlu ka-Josefe, ateta nayo nga-
semnyango wendhlu, 20 ati: Au, nkosi!
sasibe ngokwennene sisihla ngokwokuqala
ukuza kutenga ukutya. 21 Kwaza kwati,
sakufika endaweni yokulalisa, savula in-
nxowa zetu, kekaloku nantsi ke imali yaba-
nye ngabanye isemlonyeni wennxowa zabo,
imali yetu ngokulinganiswa kwayo; saye
sibuyisile yona esandhleni setu. 22 Ne-
mali yimbi siyihlisile esandhleni setu, yo-
kuba sitenge ukutya: asimazi ungubanina
obefaka imali yetu ezinnxoweni zetu.
23 Yayisiti: Uxolo lube kuni, ningoyiki!
UTIXO wenu, NOTIXO woyihlo, unipile indye-
bo ezinnxoweni zenu; imali yenu yabisiza
kumi. Yaza yamkupela kuwo u-Simone.

24 Yandula indoda yangenisa amadoda
lawo endhlwini ka-Josefe, ya*wa*bekela ama-
nzi; aza ahlamba innyawo zawo; yanikela
namaqwarashe awo into yokutya. 25 Aza
alungisa ibaso, engekafiki u-Josefe emmini
enkulu; ngokuba ebevile kusitwa aya ku-
tya isonka kona. 26 Ati akuba efikile
ekaya u-Josefe, andula azisa kuye ibaso
elisesandhleni sawo endhlwini, aziqubuda
pambi kwake ngasemhlabeni. 27 Waza
wawabuza ukupila *kwawo*, wati: Uyihlo
wenu upilile na, ixego enibe niteta ngalo?
Usahleli na? 28 Ati: Sipilile isicaka sako



University of Fort Hare

umninawe wetu omncinane uko nati, siya
kwandula sihle; ngokuba singebe nakubo-
na ubuso bendoda leyo, nxa umninawe
wetu omncinane angenati. 27 Saye sisiti
isicaka sako, ubawo, kuti: Niyazi nina
okokuba umfazi wami wabazala kumi
*onyana* ababini. 28 Waye omnye wapuma
kumi; ndaza ndati: Okunene uqwengiwe
kanye; ndaye ndingabuyanga ndimbone
kwada kwakaloku. 29 Ukuba niyamsusa
naló kwa sebusweni bami, aze ahlelwe
sisenzakalo, izimvi zami niya kuzihlisa
ngosizi ngasencwabeni. 30 Ngako oko ke,
ndakufika kwisicaka sako ubawo, umfana
engeko nati nje, (ngokuba umpefumlo wake
ubotshelwa empefumlweni walowo,) 31 ku-
ya kuti, akubona ukuba umfana akako,
andule afe; zaye izicaka zako ziya kuhlisa
izimvi zesicaka sako, ubawo wetu, ngosizi
ngasencwabeni. 32 Ngokuba isicaka sako
sabambisela umfana lowo kubawo, ndisiti:
Ukuba andimzisi kuwe, mandandule uku-
nikwa ityala ngubawo yonke imihla *yami.*
33 Ngako oko ke, makesihlale isicaka sako
esikundhleni somfana sibe likoboka enko-
sini yami, aze umfana enyuke nabakuluwe
bake. 34 Ngokuba ndiya kuti nina uku-
nyuka ndiye kubawo, nxa umfana ange-
nami? hlezibe ndibone ubunzima obuya
kumhlela ubawo.

45 Waza wakohlwa u-Josefe kukuzinya-
nzela pambi kwabo bonke abebemi
ngakuye, wadanduluka esiti: Yenzani ba-
pume bonke abantu kumi. Kwaye kunge-
ko 'muntu emi ngakuye, ekuzaziseni kuka-
Josefe kubakuluwe bake. 2 Wandula
ukukupa ilizwi lake ngokulila; ada eva
ama-Jipete, yeva nendhlu ka-Faro. 3 Waza
u-Josefe wati kubakuluwe bake: Mina
ndingu-Josefe; ubawo usahleli na? Koko
abakuluwe bake bebekohlwa kukumpendu-
la; ngokuba bebetuswa ebusweni bake.
4 Waza u-Josefe wati kubakuluwe bake:
Kanisondele kumi. Basondela ke. Waza
wati: Mina ndingu-Josefe, umninawe wenu,
enanimtengisele e-Jipete. 5 Kodwa kaloku
maningadandateki, makungaqumbiseki eme-
hlweni enu kanjako, ukuba nibe ninditengi-
sela apa; ngokuba UTIXO enditumile pambi
kwenu, ndize kulondoloza ubomi. 6 Ngo-
kuba ngoku isel' iyiminyaka mibini indhla-
la ipakati kwelizwe; kanjalo iseko iminya-
ka mihlanu ekungayi kubako 'kulima no-
kuvuna ngayo. 7 Waye UTIXO wanditumа
pambi kwenu, ukuba ndinigcinele isisalela
emhlabeni, nokuba ndilondoloze ubomi
benu ngosindiso olukulu. 8 Ngako kaloku
asi nini abanditumileyo ukuza apa, koko
NGUTIXO; owayendenzile uyise ku-Faro,
nenkosi pezu kwayo yonke indhlu yake,
nompati kulo lonke ilizwe le-Jipete.
9 Nxamani, ninyuke ukuya kubawo, niti
kuye: Utsho unyana wako u-Josefe ukuti:
UTIXO undenzile inkosi pezu kwayo yonke
i-Jipete; yihla uze kumi, ungalibali:
10 wauya kuhlala ezweni le-Goshene, ube
kufupi kumi, wena nonyana bako, nonyana
bonyana bako, negusha zako, nenkomo zako,
nako konke onako. 11 Ndaye ndiya ku-
kufunzela kwa lapo; ngokuba kusaya ku-
bako emihlanu iminyaka yendhlala; ukuze
ungangeni ebuhlwentshini, wena nendhlu
yako, nako konke onako. 12 Kangelani,
amehlo enu ayabona, kwa namehlo omnina-
we wami u-Benjamine, ukuba ngumlomo
wami otetayo kuni. 13 Naniya kumshu-
mayeza ubawo bonke ubungcwalisa bami
e-Jipete, nako konke enikuboníleyo; nize
ninxame ukumhlisa ubawo eze apa.

14 Waza wamwela umninawe wake u-
Benjamine entanyeni, walila; no-Benja-
mine walila entanyeni yake. 15 Wasuka
wanga bonke abakuluwe bake, walila pezu
kwabo; nasemveni kwoko abakuluwe bake
bateta naye.

16 Kwati kwakuvakala ireto endhlwini
ka-Faro, lisiti: Bafikile abakuluwe baka-
Josefe: kwakulungile emehlweni ka-Faro,
nasemehlweni azo izicaka zake. 17 Waza
wati u-Faro ku-Josefe: Uti kubakuluwe
bako: Kwenzeni oku; twesani amaqegu
enu, nihambe, niye ezweni le-Kanane;
18 nitabate uyihlo nabezindhlu zenu, nize
kumi; ndiya kunipa ubumnandi belizwe
le-Jipete, naniya kutya ubunqata belilizwe.
19 Kekaloku wena uyayalelwa: yenzani
oku; zitabateleni kwa sezweni le-Jipete
inqwelo zibe zezabantwana benu, nezaba-
fazi benu, nimtwale uyihlo, nize ke. 20 Ka-
njalo ningakataleli impahla yenu; ngokuba
ubumnandi balo lonke ilizwe le-Jipete bu-
bobenu bona. 21 Benje njalo ke onyana
baka-Sirayeli: waye u-Josefe wabanika
inqwelo ngezwi lika-Faro; wabanika
nompako wendhlela. 22 Bonke wabanika,
abanye ngabanye, izivato zokuguqulelana;
kodwa u-Benjamine wamnika *ishekele* ezima-
kulu matatu zesilivere, nezivato zokuguqu-
lelana ezihlanu. 23 Noyise watuma kuye
njengokunje; kwa ishumi lamaqwarashe



University of Fort Hare
Together in Excellence

etwele okwobumnandi base-Jipete, neshu-
mi lamaqwarashekazi etwele innqolowa,
nesonka, nokutya kube kokwoyise endhle-
leni. 24 Waza wabandulula abakuluwe
bake; basuka bemka; wayesiti kubo: Ni-
ngabi navuso endhleleni.
25 Baye benyuka e-Jipete, beza ezweni
le-Kanane ku-Yakobi uyise wabo; 26 ba-
shumayela kuye, besiti: U-Josefe usahleli,
kanjalo nguye ongumpati pezu kwalo lonke
ilizwe le-Jipete. Yaza inkliziyo yake ya-
wa, ngokuba engakolwanga ngabo. 27 Ko-
dwa bakuba bemtetele onke amazwi ka-
Josefe, abewatetile kubo, nokuba wabona
innqwelo u-Josefe wabezitumele ukumtwa-
la, wandula ummoya ka-Yakobi uyise wabo
wabuya wapila. 28 Waza wati u-Sirayeli:
Kwanele; u-Josefe unyana wami usahleli;
ndoya ndimbone ndingekabubi.

46 WAYE u-Sirayeli wafuduka nako ko-
nke abenako, weza e-Beresheba, wa-
bingelela imibingelelo kuye UTIXO woyise
u-Yisake. 2 Waza wateta UTIXO ku-Sira-
yeli emibonisweni yobusuku, wati: Yakobi,
Yakobi! Wati yena: Nanku, ndi*lapa*.
3 Wayesiti: Mina ndiNGUTIXO, UTIXO wo-
yihlo wako; ungoyiki ukuya kuhlela e-
Jipete; ngokuba isizwe esikulu ndiya
kusenza ngawe apo. 4 Ndiya kuhla nawe
ukuya e-Jipete; ndobuya ndikunyuse
ngennyaniso: woti u-Josefe abeke isandhla
sake pezu kwamehlo ako. 5 Wandula u-
Yakobi wesuka e-Beresheba; baza onyana
baka-Sirayeli bamtwala u-Yakobi uyise
wabo, nabantwana babo, nabafazi babo,
ezinnqwelweni abezitumile u-Faro ukuza
kumtwala. 6 Batabata inkomo zabo,
nempahla yabo ababeyiqwebile elizweni
le-Kanane, beza e-Jipete, u-Yakobi nayo
yonke inzalo yake kunye naye: 7 onyana
bake, nonyana bonyana bake kunye naye;
intombi zake, nentombi zonyana bake;
nayo yonke inzalo yake wayizisa naye
e-Jipete.
8 Kekaloku ngawo la amagama onyana
baka-Sirayeli, abezayo e-Jipete: u-Yakobi
nonyana bake. Owamazibulo ka-Yakobi,
ngu-Rubene. 9 Nonyana baka-Rubene;
ngu-Hanoki, no-Palu, no-Hetserone, no-
Kami. 10 Nonyana baka-Simone; ngu-
Jemuweli, no-Yamine, no-Ohadi, no-Yakine,
no-Tsohare, no-Saule unyana wom-Kanane-
kazi. 11 Nonyana baka-Levi; ngu-Gere-
shone, *no*-Kohati, no-Merari. 12 Nonyana
baka-Juda; ngu-Here, no-Onane, no-Shela,
no-Faretse, no-Zera; kodwa babuba u-Here
no-Onane elizweni le-Kanane: nonyana
baka-Faretse bebengu-Hetserone no-Ha-
mule. 13 Nonyana baka-Yisakare; ngu-
Tola, no-Puwa, no-Jobi, no-Shimrone.
14 Nonyana baka-Zebulone; ngu-Seredo,
no-Eloni, no-Yaheleli. 15 Aba bangonya-
na baka-Leya, abebazala ku-Yakobi e-Pa-
dane-arame, kwa no-Dina intombi yake:
yonke imipefumlo yonyana bake neyento-
mbi zake ibingamashumi matatu anesitatu.
16 Nonyana baka-Gadi; ngu-Tsifiyone,
no-Hagi, *no*-Shuni, no-Tseboni, *no*-Heri,
no-Arodi, no-Areli. 17 Nonyana baka-
Ashere; ngu-Yimna, no-Yisheva, no-Yishe-
vi, no-Beriha, no-Sera udade wabo: nonya-
na baka-Beriha; ngu-Kebere no-Makiyeli.
18 Aba bangonyana baka-Zilipa, lowo u-
Labane wamnikayo ku-Leya intombi yake;
aba ke wabazala ku-Yakobi, beyimipefumlo
elishumi linesitandatu.
19 Nonyana baka-Rakele umfazi ka-Ya-
kobi; ngu-Josefe no-Benjamine. 20 Kwaye
kuzalwa ku-Josefe elizweni le-Jipete u-
Manase no-Frayime, abete u-Asenate, into-
mbi ka-Potifera, umperisite we-One, wam-
zalela bona. 21 Nonyana baka-Benja-
mine; ngu-Bela, no-Bekere, no-Ashebele,
*no*-Gera, no-Nahamane, *no*-Eki, no-Roshe,
*no*-Mupime, no-Hupime, no-Aredi. 22 Aba
bangonyana baka-Rakele, ababemzalelwa
u-Yakobi; yonke imipefumlo ibilishumi
elinesine.
23 Nonyana baka-Dane; ngu-Hushime.
24 Nonyana baka-Nefatali; ngu-Yatsiyeli,
no-Guni, no-Yetsere, no-Shileme. 25 Aba
bangonyana baka-Bileha, lowo u-Labane
wamnikayo ku-Rakele intombi yake; aba
ke wabazala ku-Yakobi: yonke imipefumlo
ibisixenxe.
26 Yonke imipefumlo ebisiza no-Yakobi
e-Jipete, eyabipumile esinqeni sake, nga-
pandhle kwabo abafazi bonyana baka-Ya-
kobi, yonke imipefumlo ibingamashumi
matandatu anesitandatu; 27 nonyana baka-
Josefe, ababezalwa kuye e-Jipete, bebeyi-
mipefumlo mibini: yonke imipefumlo yen-
dhlu ka-Yakobi, ebisiza e-Jipete, ibinga-
mashumi asixenxe.

28 WAZA wamsusa u-Juda andulele
kuye ukuya ku-Josefe, ukuze abalatise
ubuso bake ngase-Goshene; bada bafika
ezweni le-Goshene. 29 Waye u-Josefe



University of Fort Hare

wabopa inuqwelo yake, wenyuka ukuya
kumkaulela u-Sirayeli uyise e-Goshene,
wazibonakalisa kuye, wamwela intamo,
walila entanyeni yake kwa kade. 30 Waza
u-Sirayeli wati ku-Josefe: Makendibube
kaloku, sendibubonile nje ubuso bako,
ukuba usahleli. 31 Wandula wati u-Josefe
kubakuluwe bake, nakwabendhlu kayise:
Ndonyuka ndiye kushumayela ku-Faro,
nditi kuye: Abakuluwe bami, nabendhlu
kabawo, ababesezweni le-Kanane, bafikile
kumi; 32 kekaloku amadoda lawo angaba-
lusi begusha, ngokuba engabafuyi benko-
mo; kanjalo azisile igusha zawo, nenkomo
zawo, nako konke anako. 33 Kwakuya
kuti, xeshekweni aya kunibiza u-Faro, ati:
Yinto nina umsebenzi wenu? 34 nandule
ukuti: Izicaka zako zingabafuyi benkomo
kwa' sebutsheni betu kwada kwakaloku,
kwa tina nobawo betu nabo: ukuze nibe
nokuhlala elizweni le-Goshene; ngokuba
beyintshontsho kuma-Jipete bonke abalusi
begusha.

47 Wandula ukuza u-Josefe washumayela
ku-Faro, wati: Bafikile ubawo naba-
kuluwe bami, negusha zabo, nenkomo zabo,
nako konke abanako, bevela elizweni le-
Kanane; bona ke, basezweni le-Goshene.
2 Waya watabata kubo bonke abazalwana
bake amadoda amahlanu, wawamisa ebu-
sweni buka-Faro. 3 Waza u-Faro wati
kubazalwana bake: Yinto nina umsebenzi
wenu? Bati ku-Faro: Izicaka zako zinga-
balusi begusha, kwa tina, nobawo betu
nabo. 4 Babuya bati ku-Faro: Size ukuza
kupambukela kwelilizwe; ngokuba ku-
ngeko 'dhlelo legusha ezinalo izicaka zako,
indhlala inzima nje elizweni le-Kanane:
maziti ke ngoko izicaka zako zihlale ezwe-
ni le-Goshene.

5 Wayesitsho u-Faro ku-Josefe ukuti:
Uyihlo nabazalwana bako bafikile kuwe;
6 ilizwe le-Jipete lipambi kwako lona;
kwelungileyo *indawo* yelizwe bahlalise uyi-
hlo nabazalwana bako; mabahlale ezweni
le-Goshene: kanjalo ukuba uyazi okokuba
kuko pakati kwabo amadoda omeleleyo,
wandule uwenze abe ngabapati pezu kwen-
komo zami.

7 Waye u-Josefe wamngenisa u-Yakobi
uyise, wammisa ebusweni buka-Faro;
waza u-Yakobi wamtamsanqela u-Faro.
8 Wayesiti u-Faro ku-Yakobi: Mingapina
imihla yeminyaka yokudhla kwako ubomi?
9 Wati u-Yakobi ku-Faro: Imihla yemi-
nyaka yokupambukela kwami yiminyaka
elikulu linamashumi matatu; ibe yeminci-
nane nebububi imihla yeminyaka yoku-
dhla kwami ubomi, ndandingafikelelanga
kuyo imihla yeminyaka yokudhla ubomi
kwobawo emihleni yokupambukela kwabo.
10 Waza u-Yakobi wamtamsanqela u-Faro,
wapuma ebusweni buka-Faro.

11 Waye u-Josefe wahlalisa uyise naba-
zalwana bake, wabanika imfuyo *yomhlaba*
elizweni le-Jipete, kwelungileyo *indawo*
yelizwe, elizweni le-Ramesese, njengoku-
xela kuka-Faro. 12 Waza u-Josefe waba-
funzela uyise, nabazalwana bake, nabo bo-
nke abendhlu kayise, ngesonka esilingene
nentsapo.

13 KWAYE kungeko 'sonka kulo lonke
ilizwe; ngokuba indhlala ibinzima kakulu,
lada lacubuka ilizwe le-Jipete nelizwe le-
Kanane ngenuxa yendhlala. 14 Waza u-
Josefe wabuta yonke imali ebifunyanwa
elizweni le-Jipete, naselizweni le-Kanane,
ngenuxa yenuqolowa abayitengayo; waye
u-Josefe wangenisa imali leyo endhlwini
ka-Faro. 15 Kekaloku yakugqibeka imali
elizweni le-Jipete, naselizweni le-Kanane,
andula eza onke ama-Jipete ku-Josefe,
esiti: Sipe isonka; kunganina ke ukuba
sibube ebusweni bako? ngokuba ipelile
imali. 16 Wayesiti u-Josefe: Yipani inko-
mo zenu, ndandiya kuninika ngenuxa yen-
komo zenu, ukuba imali ipelile. 17 Aza
azisa inkomo zawo ku-Josefe; wati u-Jo-
sefe wawanika isonka ngenuxa yamahashe,
nangenuxa yenkomo ezincinane, nangen-
uxa yenkomo ezinkulu, nangenuxa yama-
qwarashe: wandula wawaxasa ngesonka
ngenuxa yazo zonke inkomo zawo ngalo-
mnyaka.

18 Kwati kwakugqitywa umnyaka lowo,
abuya eza kuye ngowesibini umnyaka,
ati kuye: Asiyi kukufihla enkosini yami,
okokuba isel' igqibekile imali; kanjalo
imfuyo *yetu* yenkomo *ibohlele* enkosini yami:
akuko 'nto eseleyo ebusweni benkosi yami,
kupela yimizimba yetu, nemihlaba yetu:
19 kunganina ukuba sibube pambi kwa-
mehlo ako, kwa tina nomhlaba wetu? site-
nge tina nawo umhlaba wetu ngesonka;
sasiya kuti tina, nomhlaba wetu, sibe zizi-
caka ku-Faro; uze unike imbewu, ukuba
sidhle ubomi, singafi nokufa, nokuba
umhlaba ungatshabalali. 20 Waza u-Josefe
wamtengela u-Faro wonke umhlaba wase-



University of Fort Hare

Jipete ; ngokuba ama-Jipete ebetengisile
ngamasimi awo amanye ngamanye, ngoko-
kuba indhlala ibinamandhla pezu kwawo ;
wada umhlaba lowo waba ngoka-Faro.
21 Nabo abantu, wabafudusela ezixekweni,
kwa kwennye inncame yemida yase-Jipete
kwada kwakwennye inncame yayo. 22 Ku-
pela umhlaba wabaperisite ebengawutengi :
ngokuba abaperisite bebenesahlulelwa si-
vela ku-Faro, abatyayo isahlulelwa sabo
ababesipiwe ngu-Faro ; kukona babengate-
ngisi ngomhlaba wabo. 23 Wandula wati
u-Josefe ebantwini : Bona ke, senditengele
u-Faro namhla nje nina nomhlaba wenu :
kekaloku nantsi imbewu kuni, ukuba ni-
hlwayele umhlaba. 24 Kwakuya kuti
ekuveliseni, esesihlanu *isahlulo* niya kusi-
nikela u-Faro, nezahlulo zizine zoba zeze-
nu, zibe zezembewu yentsimi, nezokutya
kwenu, nezokwabo basezindhlwini zenu,
nezokutya kwentsapo zenu. 25 Baye be-
siti : Ulondolozile ubomi betu ; makesifu-
mane ufefe emehlweni enkosi yami, sasiya
kuba zizicaka ku-Faro. 26 Waza u-Josefe
wamisa oku kube ngumteto kwada kwa-
namhla pezu kwomhlaba wase-Jipete, uku-
ba u-Faro abe nesesihlanu *isahlulo* ; kupela
ngumhlaba wabaperisite bodwa obe unge-
ngoka-Faro.

27 KWA njalo wahlala u-Sirayeli eli-
zweni le-Jipete, elizweni le-Goshene : bada
bazuza imfuyo kulo, bacuma, banda no-
kwanda kakulu. 28 Waye u-Yakobi wa-
hlala ezweni le-Jipete iminyaka yalishumi
linesixenxe ; yaza imihla ka-Yakobi, imi-
nyaka yokudhla kwake ubomi, yaba likulu
leminyaka linamashumi mane anesixenxe.
29 Yada yasondela imihla ka-Sirayeli yo-
kuba abube ; waza wabiza unyana wake
u-Josefe, wati kuye : Ukuba ke sendifu-
mene ufefe emehlweni ako, kaubeke isa-
ndhla sako ngapantsi kwetanga lami,
undenzele ububele nennyaniso : zungandi-
ncwabi e-Jipete ; 30 koko ndiya kulala
nobawo bami, wauya kundisusa e-Jipete,
undincwabe encwabeni labo. Wayesiti :
Ndiya kwenza njengelizwi lako. 31 Waza
wati : Ndifungele. Wamfungela ke. Waza
u-Sirayeli wazitoba pezu kwenkloko yawo
umandhlalo.

48 Kwaye kute emveni kwezizinto, kwa-
tiwa ku-Josefe : Bona ke, uyihlo uyafa.
Wasuka watabata naye onyana bake boba-
bini, u-Manase no-Frayime. 2 Kwaza
kwaxelwa ku-Yakobi, kwatiwa : Bona ke,
unyana wako u-Josefe uyeza kuwe. Waye
u-Sirayeli wazomeleza, wahlala pezu kwa-
wo umandhlalo. 3 Wandula u-Yakobi
wati ku-Josefe : UTIXO onamandhla onke
wabonakala kumi e-Luze, elizweni le-Ka-
nane, wanditamsanqela, 4 wati kumi : Bona
ke, ndokucumisa, ndikwandise, ndenze
ngawe umhlambi wabantu ; ndandiya ku-
nika elilizwe kwinzalo yako emva kwako
libe yimfuyo engunapakade. 5 Nakaloku,
onyana bako bobabini, abebezelwe kuwe
ezweni le-Jipete, ndingekafiki kuwe e-
Jipete, ngabami : u-Frayime no-Manase
boba ngabami, njengo-Rubene no-Simone.
6 Kodwa abantwana bako, oya kubazala
emva kwabo, boba ngabako ; baya kubizwa
ngegama labazalwana babo elifeni labo.
7 Mina ke, ekuveleni kwami e-Padane,
wabubela kumi u-Rakele ezweni le-Kanane,
endhleleni, nxa ibiseko indawana yomhlaba
ukuba kufikwe e-Eferata ; ndaye ndimncwa-
ba kona endhleleni yase-Eferata, ekwa yiyo
i-Betelehemo.

8 Waye u-Sirayeli ebona onyana baka-
Josefe, wati : Bangobanina aba? 9 Wati
u-Josefe kuyise : Bangonyana bami, endi-
bapiweyo NGUTIXO kule*ndawo*. Wayesiti :
Zubaziso kumi, ukuba ndibatamsanqele.
10 Koko amehlo ka-Sirayeli ebenzima ngo-
budala, wada wakohlwa kukubona. Waza
wabasondeza kuye ; wandu ukubanga, wa-
basingata. 11 Wayesiti u-Sirayeli ku-Jo-
sefe : Bendingabanga ndiya kubona ubuso
bako ; kanti, bona ke, UTIXO undibonisile
nenzalo yako. 12 Waza u-Josefe wabapu-
misa emadolweni ake, waziqubuda ebuswe-
ni bake ngasemhlabeni. 13 Waye u-Josefe
wabatabata bobabini, u-Frayime ngesoku-
nene isandhla sake ngakuso esokohlo isa-
ndhla sika-Sirayeli, no-Manase ngesokohlo
isandhla sake ngakuso esokunene isandhla
sika-Sirayeli, wabasondeza kuye. 14 Waza
u-Sirayeli wolula isandhla sake sokunene,
wasibeka pezu kwenkloko ka-Frayime,
obenguye omncinane, nesandhla sake soko-
hlo pezu kwenkloko ka-Manase, ezibeka
izandhla zake ngokutelekelela ; ngokuba
u-Manase ebengowamazibulo.

15 Wandula wamtamsanqela u-Josefe,
wati : Wanga angati UTIXO, lowo bahambile
pambi kwake obawo bami, u-Abrahame
no-Yisake, UTIXO ondidhlisileyo kwa seku-
zalweni kwami kwada kwanamhla, 16 kwa
INGELOSI endikululeyo kubo bonke ububi,



University of Fort Hare

atamsanqele abafana aba; malibizwe pezu
kwabo igama lami, negama lobawo bami,
u-Abrahame no-Yisake; mabakolise ukwa-
nda kakulu pakati kwelizwe! 17 Wati
u-Josefe akubona okokuba uyise ubekile
isandhla sake sokunene pezu kwenkloko
ka-Frayime, kwakubi emehlweni ake;
waza wabamba isandhla sikayise, ukuba
asikwelelise enklokweni ka-Frayime *asibeke*
pezu kwenkloko ka-Manase. 18 Waye u-
Josefe esiti kuyise: Makungabi njalo,
bawo! ngokuba nguló owamazibulo; beka
isandhla sako sokunene pezu kwenkloko
yake. 19 Koko walayo uyise, wati: Ndi-
yakwazi, nyana wami! ndiyakwazi; yena
naye woba ngabantu, yena naye woba
mkulu; kodwa umninawe wake omnci-
nane uya kumgqita ngobukulu noko, nen-
zalo yake yoba yinto enninzi yezizwe.
20 Waza wabatamsanqela ngaleyommini,
esiti: Kwa ngawe o-Sirayeli baya kuta-
msanqela, besiti: Wanga UTIXO angakwenza
njengo-Frayime nanjengo-Manase! Waye-
beka u-Frayime pambi kwo-Manase.

21 Wandula wati u-Sirayeli ku-Josefe:
Bona ke, ndiyabuba; koko UTIXO eya kuba
nani, anibuyisele elizweni loyihlo benu.
22 Kanjalo ndikunikile isahlulo sinye nga-
pezu kwabazalwana bako, endasisusayo
esandhleni saba-Amori ngesirele sami na-
ngesipeta sami.

49 WAYE u-Yakobi ebiza onyana bake,
wati: Zibuteni, ndandiya kunixelela
oko niya kuhlelwa kuko emihleni ya-
semva. 2 Zihlanganiseni, nipulapule, bo-
nyana baka-Yakobi! pulapulani ku-Sirayeli
uyihlo wenu.

3 Rubene! ungowamazibulo wami wena,
amandhla ami, nokuqala kwokwomelela
kwami; indhluliselo yobungangamsha,
nendhluliselo yobukulu; 4 upupuma nje
njengamanzi, akuyi kudhlulisela; ngokuba
ubunyukela esililini soyihlo wako; wandula
ukusincolisa: wenyuka yena pezu kwom-
andhlalo wami.

5 U-Simone no-Levi ngabazalwana; zi-
zixòbo zobudhlwengu izirele zabo. 6 U-
ngangeni esihlelweni sabo, mpefumlo wami!
ungazibandakanyi enklanganisweni yabo,
bungewalisa bami! ngokuba engqunjeni
yabo babulala amadoda, nangenkani yabo
basika inkabi umbotshwa. 7 Mauqale-
kiswe ingqumbo yabo, ngokuba ibujora;
kwa nomsindo wabo, ngokuba ulukuni:
ndiya kubahlulahlula kwa-Yakobi, ndibatî
sa kwa-Sirayeli.

8 Juda! wena abazalwana bako boku-
dumisa; isandhla sako soba sentanyeni
sentshaba zako; baya kuziqubuda pambi
kwako onyana boyihlo. 9 U-Juda uli-
tole lengonyama; unyukile ekuqwengeni,
nyana wami! Watoba, wati butu njengen-
gonyama, nanjengengonyamakazi; ngu-
banina oya kumvusa? 10 Intonga yobu-
kumkani ayiyi kumka ku-Juda, nomni-
kamteto pakati kwennyawo zake, ade afike
u-Shilo: kwa yena izizwe ziya kumlula-
mela. 11 Uyanxibelela emtini weveyine
iqwarashana lake, nasemtini weveyine
odumileyo itole leqwarashekazi lake; uya-
hlanza kuyo iveyine isivato sake, na-
segazini ledreyive ingubo yake: 12 amehlo
hlo ake abomvu ngayo iveyine, namazi-
nyo ake amhlope ngawo amasi.

13 U-Zebulone wohlala ngaselunxwe-
meni lwelwandhle; woba ngaselunxwe-
meni lwasezinnqanaweni: icala lake *lofik-
lela* e-Tsidone.

14 U-Yisakare liqwarashe elomeleleyo,
lite butu pakati kwezibaya. 15 Waebona
indawo yokupumla ukuba ilungile, neli-
zwe ukuba limnandi; wandula watoba
igxalaba lake ekutwaleni, wanikela ngen-
konzo.

16 U-Dane uya kugweba abantu bake,
njengesinye sezizwe zakwa-Sirayeli. 17 U-
Dane woba yinnyoka endhleleni, iramba
emendweni, elilumayo izitende zehashe,
aze awe ngomva okwele kulo.

18 Usindiso lwako ndilutembele, YE-
HOVA!

19 U-Gadi iqela liya kumwela; kauti
uya kuwela abasemva yena.

20 Kwa-Ashere isonka sake siya ku-
tyeba; waeya kunika izimnandi zoku-
mkani.

21 U-Nefatali libadikazi elindululweyo;
uyanika amazwi amahle.

22 U-Josefe lisebe eliqamileyo, lisebe
eliqamileyo ngasemtonjeni, *eli*nagatya ana-
belayo pezu kwodonga. 23 Abatoli bam-
capukisile, batola, bamzonda; 24 koko
isipeta sake sahlala sisebunqobeni, nen-
galo zezandhla zake zazomelele. Kuzo iza-
ndhla ZOSOMANDHLA ka-Yakobi, kwa kona
apo, *kuye* umalusi, ilitye lika-Sirayeli,
25 KUTIXO woyihlo wako, oya kukunceda,
nakonamandhla onke, oya kukutamsanqela,
*makuvele* amatamsanqa asezulwini evela



University of Fort Hare

pezulu, namatamsanqa asenzulwini ilele
ngapantsi, amatamsanqa amabele, nawesi-
zalo. 26 Amatamsanqa oyihlo wako ana-
mandhla pezu kwamatamsanqa omakulu
bami, kude kube semdeni wenduli ezingu-
napakade: oba senkloko ka-Josefe, nase-
lukakayini lwalowo ube wahlukene naba-
zalwana bake.

27 U-Benjamine uya kuqwenga *njengen*-
neuka: kusasa wodhla okubanjiweyo,
nangokuhlwa uya kwaba okutinjiweyo.

28 Bonke aba bazizizwe zo-Sirayeli zili-
shumi linazibini: kuko oku wabekuteta
kubo uyise wabo, akubatamsanqela; aba-
nye ngabanye wabatamsanqela njenga-
wabo amatamsanqa. 29 Waza wabayolela,
wati kubo: Ndiza kubutelwa ebantwini
bami; ndinewabeni nobawo bami emqolo-
mbeni osentsimini ka-Hefrone um-Hete;
30 emqolombeni osentsimini yase-Maka-
pela, epambi kwe-Mamre, elizweni le-Ka-
nane, lowo wawutengayo u-Abrahame
kunye nentsimi ka-Hefrone um-Hete, ube
yimfuyo yendawo yokunewaba. 31 Kwa
lapo bamnewaba u-Abrahame, no-Sara um-
fazi wake; apo bamnewaba u-Yisake, no-
Rebeka umfazi wake; nalapo ndamnewaba
u-Leya. 32 Bekutengwa intsimi leyo,
nomqolomba okuyo, elusatsheni luka-Hete.

33 Wandula u-Yakobi, akuba egqibile
ukuyolela onyana bake, wafinyeza innya-
wo zake emandhlalweni, wapuma umpe-
fumlo, wabutelwa ebantwini bake.

50 Waza u-Josefe wawela ubuso bo-
yise, walila pezu kwake, wamanga.
2 Wayeyalela u-Josefe izicaka zake inncibi
zamayeza, ukuba zimnyange uyise; zaza
inncibi zamayeza zamnyanga u-Sirayeli.
3 Kwamzalisekiselwa imihla yamashumi
mane; ngokuba bekunjalo ukuzalisekiswa
kwemihla yabanyangwayo: aye ama-Jipete
amlilela imihla yamashumi asixenxe. 4 Kwa-
ti kwakuba kudhlulile imihla yokulilelwa
kwake, wandula wateta u-Josefe kwaben-
dhlu ka-Faro, esiti: Ukuba ndike ndafu-
mana ufefe emehlweni enu, zenitete ezin-
dhlebeni zika-Faro, nisiti: 5 Ubawo
wandifungisa, esiti: Bona ke, ndiza kubu-
ba; enewabeni lami endizimbele lona
elizweni le-Kanane, kwa kona apo uya
kundinewaba. Kaloku makendinyuke u-
kuya kumnewaba ubawo, ndandule uku-
buya.

6 Wati u-Faro: Nyuka, uye umnewabe
uyihlo, njengokukufungisa kwako.

7 Waza wenyuka u-Josefe ukuya kum-
newaba uyise: kwenyuka naye zonke
izicaka zika-Faro, abadala bendhlu yake,
nabo bonke abadala belizwe le-Jipete;
8 kwa nayo yonke indhlu ka-Josefe, na-
bazalwana bake, nendhlu kayise: ku-
pela intsatshana zabo, negusha zabo,
nenkomo zabo, bazishiya elizweni le-Go-
shene. 9 Kwaye kunyuka naye nennqwelo
nabakweli bamahashe; lalilibandhla eli-
kulu kakulu. 10 Bada bafika esibayeni
sokubula sika-Atade, esipesheya kwe-Yo-
redane; baza balila kona ngesililo esikulu
nesinzima kunene; wayemenzela uyise
isijwili imihla yasixenxe. 11 Bandula
abemi belozwe, aba-Kanane, bakubona isi-
jwili eso esibayeni sika-Atade, bati: Sisi-
jwili esinzima esi kuma-Jipete; ngako
oko kwabizwa igama laso ngokuti, yi-
Abele-mitsarime,* epesheya kwe-Yoredane.
12 Benje njalo ke onyana bake kuye, nje-
ngokuba ebebayalele: 13 ngokuba onyana
bake bamtwalela elizweni le-Kanane, baza
bamnewaba emqolombeni wentsimi yase-
Makapela, lowo u-Abrahame wabewute-
ngile kunye nentsimi, ube yimfuyo yenda-
wo yokunewaba, ku-Hefrone um-Hete,
ngapambi kwe-Mamre.

14 Wandula u-Josefe wabuyela e-Jipete,
kwa yena, nabazalwana bake, nabo bonke
abebenyukile naye ukuya kumnewaba u-
yise, emveni kwokumnewaba kwake uyise.

15 KEKALOKU bakubona abakuluwo
baka-Josefe ukuba ufile uyise wabo, ba-
ndula bati: Angaba u-Josefe uya kusitiya,
abuyekeze kuti ngokwennyaniso bonke
ububi esasimenzela bona. 16 Baza baya-
leza ku-Josefe, besiti: Uyihlo wayolela
engekabubi ngokuti: 17 Niya kutsho ku-
Josefe ukuti: Uze uke uxolele isilandu
sabakuluwe bako, nesono sabo; ngokuba
bekwenzele inkohlakalo: ngako kaloku,
uze uxolele isilandu sezicaka zake UTIXO
woyihlo wako. Walila ke u-Josefe kwaku-
tetwa kuye. 18 Basuka baya nabakuluwe
bake, bawa pantsi ebusweni bake, bati:
Nanku sizizicaka zako! 19 Waza wati
u-Josefe kubo: Ningoyiki; ngokuba ndi-
sendaweni KATIXO yinina? 20 Nina oku-
nene nibe nicinga ngakumi inkohlakalo;
oko *kodwa* UTIXO wakucingela okulungileyo,
kuze kuti, njengokuba *kunjalo* kwa namhla

* *Oko kukuti*: Isijwili sama-Jipete.



University of Fort Hare

nje, kulondolozwe abantu abaninzi ebo-
mini. 21 Ngako kaloku, ningoyiki;
ndonifunzela nina, kwa nontsapo zenu.
Waza wabatuthuzela, wateta ezinkliziyweni
zabo.

22 Waye u-Josefe wema e-Jipete, yena
nendhlu kayise: wati u-Josefe wahlala
iminyaka yalikulu lineshumi 'nye. 23 Wa-
bona u-Josefe abaka-Frayime abantwana
besesitatu *isizukulwana*; kanjalo abantwana
baka-Makire, unyana ka-Manase, babe-
zelwe pezu kwamadolo ka-Josefe.

24 Wandula wati u-Josefe kubazalwana
bake: Bona ke, ndiza kububa mina; koko
UTIXO eya kunikumbula ngemnyaniso,
aninyuse kwelilizwe ukuya ezweni wabe-
funga ngalo ku-Abrahame, ku-Yisake,
naku-Yakobi. 25 Waza u-Josefe wafungisa
usapo luka-Sirayeli, esiti: UTIXO woniku-
mbula ngemnyaniso, naniya kunyusa ama-
tambo ami kule*ndawo*. 26 Wada wabuba
u-Josefe, eyiminyaka ilikulu lineshumi
'nye ubudala bake: baye bemnyanga ke,
waza wafakwa etyeyeni e-Jipete.

---

# EYESIBINI INNCWADI KAMOSESI,

### E-KUTIWA

# YIKESODUSI.

---

### ISAHLUKO I.

KEKALOKU ngawo la amagama abo
onyana baka-Sirayeli, abezayo e-Jipete
no-Yakobi; abanye ngabanye beza na-
bendhlu zabo: 2 u-Rubene, u-Simone, u-
Levi, no-Juda; 3 u-Yisakare, u-Zebulone,
no-Benjamine; 4 u-Dane no-Nefatali, u-
Gadi no-Ashere. 5 Yonke imipefumlo
eyabipumile esinqeni sika-Yakobi ibiyimi-
pefumlo imashumi asixenxe: kodwa u-
Josefe ebesel' eko e-Jipete.

6 Wada wafa u-Josefe, kwa nabo bonke
abazalwana bake, naso sonke isizukulwana
eso. 7 Lwandula lwacuma usapo luka-
Sirayeli, lwakolisa ukwanda, lwaba luni-
nzi, lwazuza amandhla ngento enkulu
kakulu; laza ilizwe lazaliswa lulo.

8 Kwada kwavuka ukumkani omtsha
pezu kwe-Jipete, obengamazanga u-Josefe.
9 Wati yena ebantwini bake: Bona ke,
abantu abalusapo luka-Sirayeli basigqitile
ngokuba baninzi nangokuba namandhla.
10 Yizani kesenze ngobuqinga kubo; hle-
zibe babe nokwanda, kude kuti, nxa su-
kuba isihla imfazwe, batelele kwintshaba
zetu nabo, balwe nati, benyuke elizweni.
11 Ngako bamisa pezu kwabo abapati
benkonzo, ukuze bababandezele ngemi-
twalo yabo. Baye besakela u-Faro izixeko
zokubekela, i-Pitome ne-Ramesese. 12 Ko-
dwa njengoko bababandezelayo, kwa ngo-
kunjalo baba baninzi, nangokunjalo babe-
sanda; baba boyika kakulu ngenxa yosapo
luka-Sirayeli. 13 Aza ama-Jipete akonzisa
usapo luka-Sirayeli ngobulukuni; 14 no-
bomi balo abenza burara ngenkonzo elu-
kuni, eludongweni, naseziteneni, nakuzo
zonke inkonzo zasendhle: yonke inkonzo
yalo, abelukonzisa ngayo, ibingobulukuni.

15 Waye ukumkani we-Jipete eteta
kubo abazalisikazi bama-Heberekazi, ela-
libe igama lomnye lingu-Shifera, negama
lomnye lingu-Puha; 16 wati: Ekuzaliseni
kwenu ama-Heberekazi, niya kwandula
nikangele *ni*pezu kwezitulo; ukuba ngu-
nyana, niya kumbulala; ukuba kodwa yinto-
mbi, yona iya kudhla ubomi. 17 Koko aba-
zalisikazi bamoyika UTIXO; ngako abenza
njengokutetiweyo kubo ngukumkani we-
Jipete, kodwa balondoloza amakwenkwe
ebomini. 18 Waza ukumkani we-Jipete
wabiza abazalisikazi, wati kubo: Niyenzele
nina lento, yokuba nilondolozile amakwe-
nkwe ebomini? 19 Bati abazalisikazi ku-
Faro: Ngokuba ama-Heberekazi engenje-
ngabafazi abangama-Jipetekazi: ngokuba



University of Fort Hare

ufake isandhla sako esifubeni sako. Waza
wafaka isandhla sake esifubeni sake; keka-
loku akusikupa, nasi isandhla sake sinesile-
pero *simhlope* njengengqweqwe. 7 Wayesi-
ti: Sibuyisele esifubeni sako isandhla sako.
Waza wabuyisela esifubeni sake isandhla
sake; kekaloku akusikupa esifubeni sake,
nasi ke siguqulwe saba njengenyama
yake *enye*. 8 Kwakuya kuti, ukuba aba-
kolwa nguwe, nokuba abapulapuli ilizwi
lowokuqala umqondiso, bokolwa lilizwi
lomqondiso wasemva. 9 Kwoti kodwa, uku-
ba abakolwa yiyo nalemiqondiso yomibini,
nokuba abapulapuli ilizwi lako, wandule
ucapule emanzini omlambo, uwagalele em-
hlabeni; aeya kuti amanzi lawo uwa-
capula emlanjeni abe ligazi pezu kwom-
hlaba.

10 Waza wati u-Mosesi KUYEHOVA: Ke,
NKOSI! andinguye oliciko, kwa nexesha
lapambili, nakuseloko utetileyo nesicaka
sako; ngokuba ndingomlomo unzima, nolu-
lwimi lukwa nzima.

11 Waye UYEHOVA esiti kuye: Nguba-
nina omenzele umntu umlomo? ngubanina
owenza isidenge, nesitulu, nobonayo,
nemfama? asi ndimi 'YEHOVA yinina?
12 Ize uhambe ke, ndandiya kuba nawo
umlomo wako, ndikufundise into uya
kuteta yona.

13 Koko wati: Ke, NKOSI! mauke utu-
me ngesandhla salowo uya kumtuma.

14 Yaza yavuta ingqumbo KAYEHOVA
ngakuye u-Mosesi, wati: u-Arone um-Levi
asi nguye umkuluwe wako na? Ndiyazi
ukuba uyacikoza ukuteta yena. Kananjalo,
bona ke, seleya kupuma ukuza kuku-
kaulela; ati akukubona, avuye inkliziyo
yake. 15 Wauya kuteta kuye, ubeke a-
mazwi emlonyeni wake; ndoti mina ndibe
kunye nomlomo wako, nakunye nomlomo
wake, ndinifundise oko niya kwenza kona.
16 Waye yena eya kukutetela eba-
ntwini; kuze kuti ke, abe yena enjengom-
lomo kuwe, ube wena unjengoTIXO kuye.
17 Nalentonga uyitabate esandhleni sako,
oya kuyenza ngayo imiqondiso.

18 Usuke wahamba u-Mosesi, wabuyela
ku-Yetero usomfazi wake, wati kuye:
Makendihambe ke, ndibuye ndiye kuba-
zalwana bami abase-Jipete, ndize ndibone
ukuba basahleli na. Waza wati u-Yetero
ku-Mosesi: Hamba ke ngoxolo.

19 Wabuya wati UYEHOVA ku-Mosesi
e-Midiyane: Hamba, ubuyele e-Jipete;
ngokuba selefile onke lomadoda abefuna
ubomi bako. 20 Waza u-Mosesi wata-
bata umfazi wake, nonyana bake, waba-
kwelisa eqwarasheni, wabuyela ezweni le-
Jipete; wayitabata u-Mosesi nentonga
KATIXO esandhleni sake. 21 Wayesiti
UYEHOVA ku-Mosesi: Ekuhambeni kwako
ukuya kubuyela e-Jipete, lumka ke ukuba
yonke imimangaliso endiyibekileyo esa-
ndhleni sako uyenze ebusweni buka-Faro;
koko ndiya kugwenxisa inkliziyo yake,
ukuba akayi kubandulula abantu. 22
Wauya kuti ku-Faro: Utsho UYEHOVA ukuti:
Unyana wami, owamazibulo wami, ngu-
Sirayeli. 23 Enditi kuwe: Mndulule
unyana wami, ukuze andikonze: ukuba
kanti uyala ukumndulula, bona ke, ndiya
kubulala unyana wako, kwa owamazibulo
wako.

24 Kwaye kute endhleleni, endaweni
yokulalisa, UYEHOVA wahlangana naye, wa-
funa ukumbubisa. 25 Waza u-Tsipora
watabata ilitye elibukali, wasika ijwabu
lonyana wake, waliposa ezinnyaweni zake,
wati: Ngenyaniso ungumyeni wegazi
wena kumi. 26 Wandula ukumyeka. Oko
wati: Umyeni wegazi *ungawe!* ngenxa
yokwaluka.

27 Wayesiti UYEHOVA ku-Arone: Hamba,
uye kukaulela u-Mosesi enklango. Wa-
suka waya, wahlangana naye entabeni
KATIXO, wamanga. 28 Waye u-Mosesi
waxela ku-Arone onke amazwi KAYEHOVA
obemtumile, nayo yonke imiqondiso abem-
yalele ngayo.

29 Waza wahamba u-Mosesi no-Arone,
baya bahlanganisa bonke abadala bosapo
luka-Sirayeli. 30 Waye u-Arone wateta
onke amazwi abetetile wona UYEHOVA ku-
Mosesi; wayenza nemiqondiso emehlweni
abantu. 31 Baza abantu bakolwa; abati
bakuba bevile okokuba UYEHOVA ukumbule
usapo luka-Sirayeli, nokuba ukangele ubu-
nzima babo, bandula batoba ngapantsi ba-
bedesha.

5 KWABEKUTE kamva, beza u-Mosesi
no-Arone, bati ku-Faro: Utsho UYE-
HOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Bandulule
abantu bami, baye bandenzele umtendeleko
enklango. 2 Koko wati u-Faro: Ngu-
banina UYEHOVA, okokuba ndipulapule ili-
zwi lake ukubandulula o-Sirayeli? UYE-
HOVA andimazi, no-Sirayeli andiyi kubandu-
lula. 3 Baza bati: UTIXO wama-Hebere


University of Fort Hare

uhlangene nati; makesiye ngoko ihambo
yemihla ibe mitatu enklango, ukuya kubi-
ngela UYEHOVA, UTIXO wetu, hleze asiwele
ngesifo esibubisayo, umhlaumbi ngesirele.
4 Wandul' ukuti kubo ukumkani we-Ji-
pete: Kunganina, Mosesi no-Arone! uku-
ba nenze abantu bayeke imisebenzi yabo?
hambani niye emitwalweni yenu. 5 Wa-
lekela wati u-Faro: Bona ke, abantu be-
lizwe sebebaninzi nje, niya kubapumza na
emitwalweni yabo?
6 Wati ngoko u-Faro kwa ngalommini,
wayalela inkosi zomsebenzi zabantu, na-
magosa abo, ngokuti: 7 Aniyi kupinda
ukunika abantu innca yokwenza izitene,
njengexesha lapambili; mabaye bona bazi-
butele innca. 8 Kodwa inani lezitene, ba-
befudula besenza lona pambili, niya kuli-
beka pezu kwabo noko; aniyi kuncipisa
'*nto* kulo: ngokuba benqena; kungoko
bakalayo, besiti: Masihambe siye kubi-
ngela UTIXO wetu. 9 Maibe inkonzo inzi-
ma pezu kwamadoda la, ukuze asebenze
kuyo, angabekeli amazwi obuxoki.
10 Kwaza kwapuma inkosi zomsebenzi
zabantu, namagosa abo, bateta ebantwini,
besiti: Utsho u-Faro ukuti: Andisayi kuni-
nika innca. 11 Hambani nina, niye ku-
zitabatela innca apo ningayifumana kona;
kodwa akuyi kuncitshiswa nento enko-
nzweni yenu. 12 Baza abantu batiwa
sa kulo lonke ilizwe le-Jipete, ukuya
kubuta indiza endaweni yennca. 13 Za-
suka inkosi zomsebenzi zanxamisa, zisiti:
Fezani imisebenzi yenu, into yemmini
ngemmini yayo, njengokuya bekuko innca.
14 Kwaye kubetwa amagosa osapo luka-
Sirayeli, lawo zibe ziwamisile pezu kwalo
inkosi zomsebenzi zika-Faro, kwatiwa:
Kunganina ukuba ningafezanga umsebe-
nzi eniwumiselweyo, ngokwenza izitene,
kwa izolo nanamhla, njengexesha lapa-
mbili?
15 Andula amagosa osapo luka-Sirayeli
aya akala ku-Faro, esiti: Yinina ukuba
wenje nje ezicakeni zako? 16 Ayiko innca
enikelwa izicaka zako; kodwa izitene, ku-
tiwa kuti, nizenze noko: kanjalo, bona ke,
izicaka zako zibetwa, kanti ngabantu bako
abonayo. 17 Kuloko wati: Niyanqena
nina, niyanqena; kungoko nitshoyo ukuti:
Masiye sibingele UYEHOVA. 18 Hambani
ke kaloku, nisebenze; ngokuba ningayi
kunikwa innca; kodwa inani lezitene niya
kunikela lona noko. 19 Aza abona amago-
sa osapo luka-Sirayeli ukuba asebubini,
kusitwa uje: Aniyi kuncipisa '*nto* eziteneni
zenu zomsebenzi wenu wemihla ngemi-
hla.
20 Aye ehlangana no-Mosesi no-Arone,
abebemi malungana nawo, ekupumeni
kwawo ku-Faro, 21 ati kubo: Maka-
bone UYEHOVA pezu kwenu, agwebe; nge-
kokuba ivumba letu nilinukisile emehlweni
ka-Faro, nasemehlweni ezicaka zake, kude
kunikwe isirele esandhleni sabo sokusibu-
lala.
22 Waza u-Mosesi wabuyela KUYEHOVA,
wati: NKOSI! kunganina ukuba ubapete
kakubi ababantu? kunganina lento undi-
tumileyo? 23 Ngokuba kwa kuseloko nda-
fikayo ku-Faro, ukuza kuteta egameni lako,
ubapete kakubi yena ababantu; kanjalo a-
kusindisanga abantu bako nakanye.
6 Waza UYEHOVA wati ku-Mosesi: Ka-
loku uya kubona oko ndiya kukwenza
ku-Faro; ngokuba ngesandhla esinamandhla
eya kubandulula, nangesandhla esinama-
ndhla oya kubagxota elizweni lake.

2 WABUYA wateta UTIXO ku-Mosesi,
wati kuye: Mina ndiNGUYEHOVA. 3 Ndabo-
nakala ku-Abrahame, ku-Yisake, naku-Ya-
kobi, ngokuba NGUTIXO onamandhla onke:
kodwa ngegama lami eliNGUYEHOVA, bendi-
ngazeki kubo. 4 Kanjalo ndilumisile u-
cebano lwami nabo, lwokuba ndibape ilizwe
le-Kanane, ilizwe lokupambukela kwabo,
elo babengabasemzini kulo. 5 Nakanjalo
ndikuvile ukugula kwosapo luka-Sirayeli,
olukonzisiweyo ngama-Jipete; nocebano
lwami ndilukumbule. 6 Yiti ke ngoko
elusatsheni luka-Sirayeli: Mina ndiNGUYE-
HOVA; ndonipumisa kwa pantsi kwemitwalo
yama-Jipete, ndinihlangule nasebuko-
nzini bawo; ndandiya kunikulula ngen-
galo eyolulweyo, nangemigwebo emikulu;
7 ndoti kanjalo ndinitabate nibe ngabantu
kumi, ndize mina ndibe NGUTIXO kuni;
naniya kukwazi ukuba ndiNGUYEHOVA, UTIXO
wenu, onipumisayo kwa pantsi kwemitwalo
yama-Jipete. 8 Ndandiya kunizisa kwe-
lozwe, endandipakamisa isandhla sami u-
kuba ndilinike ku-Abrahame, ku-Yisake,
naku-Yakobi; lona ndolinika kuni libe
lilifa: mina ndiNGUYEHOVA.
9 Waza u-Mosesi wateta ngokunjalo elu-
satsheni luka-Sirayeli; kuloko belungam-
pulapuli u-Mosesi, ngenxa yokucapuka
kwomoya, nangenxa yenkonzo elukuni.



University of Fort Hare

10 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti : 11 Yiya utete ku-Faro ukumkani we-
Jipete, ukuba andulule usapo luka-Sira-
yeli ezweni lake. 12 Koko u-Mosesi wateta
ebusweni BUKAYEHOVA, esiti : Bona ke, u-
sapo luka-Sirayeli alundipulapulanga ; woti
nina ngoko ukundipulapula u-Faro, ndi-
ngomlomo ungalukanga nje? 13 Waza
wateta UYEHOVA ku-Mosesi, naku-Arone,
wabayalezela elusatsheni luka-Sirayeli,
naku-Faro ukumkani we-Jipete, ukuba ma-
kupunyiswe usapo luka-Sirayeli ezweni
le-Jipete.

14 KEKALOKU aba ngabazinkloko
zendhlu zoyise zalo : onyana baka-Rubene,
owamazibulo ka-Sirayeli ; u-Hanoki no-
Palu, u-Hetserone no-Kami : zizo ezi iziza-
lwane zika-Rubene. 15 Nonyana baka-
Simone ; u-Jemuweli, no-Yamine, no-Ohadi,
no-Yakine, no-Tsohare, no-Saule unyana
wom-Kananekazi : zizo ezi izizalwane zika-
Simone.

16 Ngawo la amagama onyana baka-Levi
ngezizukulwana zabo ; u-Gereshone, no-Ko-
hati, no-Merari : iminyaka yokuhlala kuka-
Levi ibiyiminyaka elikulu linamashumi
matatu anesixenxe. 17 Onyana baka-Ge-
reshone ; u-Libeni no-Shimehi, ngeziza-
lwane zabo. 18 Nonyana baka-Kohati ;
u-Hamerame, no-Yitsare, no-Hebrone, no-
Huziyeli : iminyaka yokuhlala kuka-Kohati
ibiyiminyaka elikulu linamashumi matatu
anesitatu. 19 Nonyana baka-Merari ; u-
Mahali no-Mushi. Ezi zizizalwane zika-
Levi ngezizukulwana zazo.

20 Waye u-Hamerame wazeka u-Yoke-
bedi, udade woyise, abe ngumfazi wake ;
owamzalela u-Mosesi no-Arone : iminyaka
yokuhlala kuka-Hamerame ibiyiminyaka
elikulu linamashumi matatu anesixenxe. 21
Nonyana baka-Yitsare ; u-Kora, no-Nefege,
no-Zikeri. 22 Nonyana baka-Huziyeli ;
u-Mishayeli, no-Elitsafane, no-Siteri. 23
Waye u-Arone wazeka u-Elisheba, intombi
ka-Haminadabi, udade ka-Nahashone, abe
ngumfazi wake ; owamzalela u-Nadabi, no-
Abihu, *no*-Elezari, no-Yitamare. 24 No-
nyana baka-Kora ; u-Asire, no-Lekana, no-
Abiyasafa : zizo ezi izizalwane zama-Kora.
25 Waye u-Elezari, unyana ka-Arone, wa-
zeka *enye* ezintombini zika-Putiyeli ibe
ngumfazi wake ; eyamzalela u-Finehasi.
Aba ngabazinkloko *zendhlu* zoyise zaba-
Levi ngezizalwane zabo.

26 Nguló u-Arone no-Mosesi wabesiti
kubo UYEHOVA : Pumisani usapo luka-Sira-
yeli elizweni le-Jipete ngemikosi yalo.
27 Ngaba bona ababeteta ku-Faro, ukumkani
we-Jipete, ukuba makupunyiswe usapo
luka-Sirayeli e-Jipete : nguló u-Mosesi no-
Arone.

28 KWAYE kute, emhleni wateta UYE-
HOVA no-Mosesi ezweni le-Jipete, 29 wa-
ndula wateta UYEHOVA ku-Mosesi, esiti :
Mina ndiNGUYEHOVA ; teta ku-Faro, uku-
mkani we-Jipete, konke endikuteta kuwe.
30 Koko u-Mosesi wati ebusweni BUKAYE-
HOVA : Bona ke, ndingomlomo ungaluka-
nga nje, woti nina ukundipulapula u-Faro?

7 Waza UYEHOVA wati ku-Mosesi : Kange-
la, ndikwenzile ube ngutixo ku-Faro ;
no-Arone, umkuluwe wako, woba ngumpro-
fite wako. 2 Uya kuteta wena konke endi-
kuyalela ngako ; andule u-Arone, umkuluwe
wako, atete ku-Faro, ukuba andulule usapo
luka-Sirayeli elizweni lake. 3 Nami ndiya
kuyenza lukuni inkliziyo ka-Faro ; nda-
ndiya kwandisa imiqondiso yami nemima-
ngaliso yami ezweni le-Jipete. 4 Koko
u-Faro engayi kunipulapula, ndandiya ku-
beka isandhla sami pezu kwe-Jipete, ndi-
kupe imikosi yami, abantu bami abalusapo
luka-Sirayeli, elizweni le-Jipete, ngemi-
gwebo emikulu. 5 Aeya kukwazi ama
Jipete okokuba ndiNGUYEHOVA, ekwoluleni
kwami isandhla sami pezu kwe-Jipete,
nasekukupeni kwami usapo luka-Sirayeli
pakati kwawo.

6 Baza u-Mosesi no-Arone benza nje-
ngoko UYEHOVA wabeyalele ngako ; benza
ngokunjalo ke. 7 Waye u-Mosesi, ubu-
dala bake, wayiminyaka imashumi asibozo,
no-Arone obake babuyiminyaka imashumi
asibozo anemitatu, okuya bateta no-Faro.

8 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi naku-
Arone, esiti : 9 Xeshekweni u-Faro aya
kuteta nani, esiti : Zenzeleni ummangaliso ;
wandule uti ku-Arone : Tabata intonga ya-
ko, uyipose pantsi ebusweni buka-Faro :
yoba yinnyoka ke. 10 Baya u-Mosesi no-
Arone ku-Faro, benje njalo ke, ujengokuba
UYEHOVA ebeyalele : wati u-Arone waposa
pantsi intonga yake ebusweni buka-Faro,
nasebusweni bezicaka zako, yaza yaba yin-
nyoka. 11 Wandula u-Faro wabiza izilumko
nezanuse : zaza inncibi zase-Jipete zenje
njalo nazo ngento zobugqi bazo. 12 Nga-
kuba zibe ziposa pantsi ezinnye ngezinnye

lonke ilizwe le-Jipete. 17 Baye besenje
njalo ke: ngokuba u-Arone wolula isa-
ndhla sake ngentonga yake, wabeta utuli
lwomhlaba, olwaba zintwala ebantwini na-
sezinkomeni: lwonke utuli lwomhlaba
lwaba zintwala kulo lonke ilizwe le-Jipete.
18 Zenje njalo nenncibi ngento zobugqi
bazo, ukuba zivelise intwala; koko zako-
hlwayo: kwaza kwabako intwala pezu kwa-
bantu napezu kwenkomo. 19 Zaza zati
inncibi ku-Faro: Ngumnwe KATIXO oku!
Yaba gwenxa inkliziyo ka-Faro noko, aka-
bapulapula kanjako, njengokuba ebetshilo
UYEHOVA.
20 Wandula UYEHOVA wati ku-Mosesi:
Vuka kusasa ngomso, uye uzimise ebu-
sweni buka-Faro; bona ke, wopuma ukuya
emanzini; uti kuye: Utsho UYEHOVA
ukuti: Bandulule abantu bami, ukuze ba-
ndikonze. 21 Ngokuba xeshekweni unga-
ndululi abantu bami, bona ke, ndiya kutuma
izibau zibe pezu kwako, napezu kwezicaka
zako, napezu kwabantu bako, nasezin-
dhlwini zako; zide zizale izindhlu zama-Ji-
pete izibau, kwa nomhlaba apezu kwawo.
22 Ndandiya kulahlula ngalomini ilizwe
le-Goshene, abemi kulo abantu bami, ukuba
zingabiko kona izibau; ukuze ukwazi oko-
kuba mina ndiNGUYEHOVA pakati kwom-
hlaba. 23 Ndandiya kubeka isahlulo pa-
kati kwabantu bami nabantu bako. Ngomso
wobako lomqondiso. 24 Wenje njalo ke
UYEHOVA; kwaye kusiza amabukubuku
ezibau endhlwini ka-Faro, nasezindhlwini
zezicaka zake, nakulo lonke ilizwe le-
Jipete; lonakaliswa ilizwe zizibau ezo.
25 Waza u-Faro wabiza u-Mosesi no-
Arone, wati: Hambani, niye nibingele
UTIXO wenu kwelilizwe. 26 Koko wati
u-Mosesi: Akufanelekile ukuba senje njalo;
ngokuba siya kubingela UYEHOVA, UTIXO
wetu, okuyintshontsho kuma-Jipete; bona
ke, kesiya kubinga okuyintshontsho kuma-
Jipete pambi kwamehlo awo, aze angasi-
gibiseli ngamatye na? 27 Soya ihambo
yentsuku 'ntatu enklango, sibingele UYE-
HOVA, UTIXO wetu, njengokuba eya kutsho
kuti. 28 Waza wati u-Faro: Ndonindu-
lula ke, ukuba niye kubingela UYEHOVA,
UTIXO wenu, enklango; kodwa musani
ukuya kude kakulu: nditandazeleni ke.
29 Wayesiti u-Mosesi: Bona ke, ndipuma
kuwe, ndandiya kutandaza KUYEHOVA, uku-
ba izibau zimke ku-Faro, *na*sezicakeni
zake, nasebantwini bake, ngomso; kodwa
makangapindi u-Faro ukwenza ngenko-
hliso, ngokungandululi abantu baye kubi-
ngela UYEHOVA.
30 Wandul' ukupuma u-Mosesi ku-Faro,
waya watandaza KUYEHOVA. 31 Waye
UYEHOVA wenza ngelizwi lika-Mosesi; we-
mkisa izibau ku-Faro, *na*sezicakeni zake,
nasebantwini bake; akwasala nasinye.
32 Kanti u-Faro wayenza nzima inkliziyo
yake nangelixesha; akandulula abantu
kanjako.

9 WAZA wati UYEHOVA ku-Mosesi: Yiya
ku-Faro, utete naye, *usiti:* Utsho UYE-
HOVA, UTIXO wama-Hebere, ukuti: Bandu-
lule abantu bami, ukuze bandikonze. 2
Ngokuba xeshekweni usala ukubandulula,
umana ubabamba nje, 3 bona ke, isandhla
SIKAYEHOVA soba pezu kwenkomo zako ezi
sendhle, pezu kwamahashe, pezu kwama-
qwarashe, pezu kwenkamela, pezu kwen-
kabi, napezu kwegusha: isifo esinzima
kunene. 4 Waye UYEHOVA eya kwahlula
pakati kwenkomo zama-Sirayeli nenkomo
zama-Jipete; akuyi kufa 'nto kuzo zonke
ezizezosapo luka-Sirayeli. 5 Waza UYEHOVA
wadala ixesha elitile, esiti: Ngomso UYE-
HOVA uya kwenza lento kwelilizwe.
6 Waye UYEHOVA wayenza lento kwa-
kusa, zati zonke inkomo zama-Jipete zafa;
kanti kwinkomo zosapo luka-Sirayeli aku-
fanga nannye. 7 Waza watuma u-Faro,
kekaloku bona ke, akufanga kuzo inkomo
zama-Sirayeli kwa nannye. Wenza nzima
u-Faro inkliziyo yake noko; akandulula
abantu kanjako.
8 Wandula UYEHOVA wati ku-Mosesi
naku-Arone: Zitabateleni ngento ezalisa
izandhla ututu lwesidhlangalala; ati u-
Mosesi alusasaze ngasezulwini pambi kwa-
mehlo ka-Faro. 9 Lwaluya kuba njengo-
tuli kulo lonke ilizwe le-Jipete, lube
ngamatumba ejaduka ngamatyakuva, pezu
kwabantu, napezu kwezilo, kulo lonke
ilizwe le-Jipete. 10 Baza balutabata ututu
lwesidhlangalala, bema pambi kwo-Faro;
waye u-Mosesi walusasaza ngasezulwini;
lwaza lwaba ngamatumba ejaduka nga-
matyakuva, pezu kwabantu, napezu kwezilo.
11 Zati inncibi zakohlwa kukuma ebusweni
buka-Mosesi ngenxa yamatumba; ngokuba
bekuko amatumba pezu kwenncibi, napezu
kwama-Jipete onke. 12 Waye UYEHOVA
wagwenxisa inkliziyo ka-Faro, waza aka-



University of Fort Hare

bapulapula, njengokuba UYEHOVA ebetshilo
ku-Mosesi.
13 Wabuya wati UYEHOVA ku-Mosesi:
Vuka kusasa ngomso, uye uzimise ebusweni
buka-Faro, uti kuye: Utsho UYEHOVA,
UTIXO wama-Hebere, ukuti: Bandulule
abantu bami, ukuze bandikonze. 14 Ngo-
kuba ngelixesha ndiya kutuma zonke izi-
bulalo zami enkliziyweni yako, napezu
kwezicaka zako, napezu kwabantu bako; u-
kuze ukwazi okokuba akuko onjengami ku-
wo wonke umhlaba. 15 Ngokuba kaloku
bendingolulayo isandhla sami, ndibete wena
nabantu bako ngesifo esibubisayo; uze
utshatyalaliswe emhlabeni. 16 Kodwa oku-
nene, ngenxa yoku ndikumisile, ngenxa
yokuba ndikubonise amandhla ami, nokuba
igama lami lishunyayelwe emhlabeni
wonke. 17 Usazipakamisa ngakubo abantu
bami na,ukuba akuyi kubandulula? 18 Bona
ke,malunganelixeshalangomsondiyakunisa
izicoto ezinzima kakulu, ekungazanga ku-
beko ezinjalo e-Jipete, kwa semhleni wo-
kusekwa kwayo kwada kwakaloku nje.
19 Ngako kaloku tuma ke, ugoduse inkomo
zako, nako konke onako ezindhle; bonke
abantu nezilo eziya kufunyanwa ezindhle
zingabutelwanga endhlwini, zakuhla pezu
kwazo izicoto, ziya kufa.
20 Obesoyika ilizwi LIKAYEHOVA pakati
kwezicaka zika-Faro, izicaka zake nenko-
mo zake wazisabisela ezindhlwini. 21
Kodwa obengabekeli ilizwi LIKAYEHOVA
inkliziyo yake, wazishiya izicaka zake
nenkomo zake ezindhle.
22 Wayesiti UYEHOVA ku-Mosesi: Yolula
isandhla sako ngasezulwini, kuze kubeko
izicoto kulo lonke ilizwe le-Jipete, pezu
kwabantu, napezu kwezilo, napezu kwayo
yonke imifuno yasendhle, kulo lonke ilizwe
le-Jipete. 23 Wasuka u-Mosesi wayolula
intonga yake ngasezulwini; waza UYEHOVA
wakupa indudumo nezicoto, wati umlilo wa-
baleka pezu kwomhlaba; wanisa UYEHOVA izi-
coto pezu kwelizwe le-Jipete. 24 Kwaye be-
kuko izicoto, nomlilo upitikeziwe ndawonye
nezicoto; zazinzima kakulu, ekungazanga
kubeko ezinjalo kulo lonke ilizwe lama-Ji-
pete, kuseloko aba sisizwe. 25 Zaza izicoto
zabeta kulo lonke ilizwe le-Jipete konke o-
kusendhle, kwa nabantu nezilo; zati izicoto
kanjalo zabeta yonke imifuno yasendhle,
zapula yonke imiti yasendhle nayo. 26 Ku-
pela ezweni le-Goshene, apo kwakukona
usapo luka-Sirayeli, bekungeko 'zicoto.
27 Waza watuma u-Faro, wabiza u-
Mosesi no-Arone, wati kubo: Ndonile
ngoku; UYEHOVA ulungile, mina kodwa
nabantu bami sikohlakele. 28 Tandazani
KUYEHOVA, (ngokuba sekwanele,) kuze ku-
ngabi sabiko indudumo ZIKATIXO nezicoto;
ndose ndinindulula ke, naningayi kuba
salibala. 29 Waza u-Mosesi wati kuye:
Nxa ndipumileyo esixekweni, ndiya kutwa-
bulula izandhla zami NGAKUYEHOVA: in-
dudumo ziya kupeza, nezicoto aziyi kuba
sabiko; ukuze ukwazi okokuba umhlaba
ungoKAYEHOVA. 30 Wena kanti nezicaka
zako, ndiyazi ukuba anikamoyiki UYEHOVA
UTIXO.
31 Kekaloku kwakubetiwe umyara ne-
ralasi; ngokuba iralasi ibisel' idubule, nom-
yara wausel' utyatyambile. 32 Kodwa
innqolowa nespelete zazingabetwanga zo-
na; ngokuba zibe zingekahlumi.
33 Waye u-Mosesi wapuma esixekweni
ku-Faro, watwabulula izandhla zake NGA-
KUYEHOVA; kwandu ukupeza indudumo
nezicoto, ayaba sagalelwa nemvula emhla-
beni. 34 Wati u-Faro akubona ukuba
kupelile imvula, nezicoto, nendudumo, wa-
buya wona, wayenza nzima inkliziyo yake,
kwa yena nezicaka zake. 35 Yaba gwenxa
ke inkliziyo ka-Faro, waza akandulula usapo
luka-Sirayeli, njengokuba ebetshilo UYE-
HOVA ngaye u-Mosesi.

10 WANDULA UYEHOVA wati ku-Mosesi:
Yiya ku-Faro; ngokuba ndiyenze
nzima inkliziyo yake, nenkliziyo yezicaka
zake, ukuze ndibeke lemiqondiso yami
pakati kwabo; 2 nokuze ubalise ezindhle-
beni zonyana wako, nezonyana wonyana
wako, oko ndikwenzileyo e-Jipete, nemiqo-
ndiso endiyimisileyo pakati kwabo; nize
nazi ukuba ndiNGUYEHOVA.
3 Baya u-Mosesi no-Arone ku-Faro, bati
kuye: Utsho UYEHOVA, UTIXO wama-Hebere,
ukuti: Uya kwala kude kube nini na uku-
zigoba ebusweni bami? bandulule abantu
bami, ukuba bandikonze. 4 Ngokuba
xeshekweni usala ukundulula abantu bami,
bona ke, ndiya kuzisa ngomso inkumbi
emideni yako; 5 eziya kugubungela u-
buso bomhlaba, kude kukohlwe ukubona
umhlaba; zaziya kutya iliva lokusindileyo,
oko nisaliselwe kona zizicoto; nayo yonke
imiti enimilelayo ezindhle ziya kuyidhla:
6 kanjalo zozalisa izindhlu zako, nezindhlu
zazo zonke izicaka zako, nezindhlu zawo


University of Fort Hare

hlwa. 19 Intsuku zoba sixenxe ekungayi
kufunyanwa 'gwele ezindhlwini zenu: ngo-
kuba osukuba esidhla okunegwele, kwa
lowompefumlo uya kunqanyulwa enklanga-
nisweni yo-Sirayeli, nokuba ungowasemzi-
ni, nokuba ungozelweyo elizweni. 20 Aniyi
kudhla 'nto ibiliswayo: kuzo zonke indawo
zokuhlala zenu niya kudhla izonka ezi-
ngenagwele.

21 Waza u-Mosesi wabiza bonke abadala
bo-Sirayeli, wati kubo: Rolani nizitabatele
amarwana ngezizalwane zenu, nixèle ipa-
sika. 22 Nize nitabate isiqunyana sehi-
sope, nisifake egazini elisesityeni, nibete
emqolweni nasemigubasini yomibini nge-
gazi elisesityeni; kanjalo nina, makunga-
pumi namnye umntu elucangweni lwendhlu
yake kude kuse. 23 Ngokuba UYEHOVA
eya kucanda ukuza kubeta ama-Jipete;
woti akubona igazi pezu kwomqolo, na-
pezu kwemigubasi yomibini, andule UYE-
HOVA agqite kolocango, angavumi ukuba
umtshabalalisi angene ezindhlwini zenu
ukuza kubeta. 24 Niya kugcina lento,
ibe ngummiselwa kuwe nakonyana bako,
kude kube ngunapakade. 25 Kwakuya
kuti, nakufika kwelozwe aya kunipa lona
UYEHOVA, njengokuba etshilo, niya kugcina
lonkonzo. 26 Kwoti kanjalo, xeshekweni
abantwana benu baya kuti kuni: Yinto
nina lenkonzo kuni? 27 niya kwandula
ukuti: Lidini lepasika KUYEHOVA, owaye-
gqita ezindhlwini zosapo luka-Sirayeli e-
Jipete, okuya wabebeta ama-Jipete, wa-
sindisa izindhlu zetu. Baza abantu batoba
ngapantsi, babedesha.

28 Lwemka usapo luka-Sirayeli lwenza
njengokuba UYEHOVA ebeyalele u-Mosesi
no-Arone, lwenje njalo ke.

29 KWAZA kwati pakati kwobusuku,
wandula UYEHOVA wabeta onke amazibulo
asezweni le-Jipete, kwa sezibulweni lika-
Faro obehleli eteroneni yake, kwada kwa-
sezibulweni lombanjwa obesentolongweni,
kwa nawo onke amazibulo ezilo. 30 Waza
wavuka u-Faro ebusuku, kwa yena nazo
zonke izicaka zake, nawo onke ama-Ji-
pete; kwaye kuko nesikalo esikulu e-Ji-
pete; ngokuba bekungeko namnye indhlu
apo angeko kona ofileyo. 31 Waselebiza
u-Mosesi no-Arone ebusuku, wati: Sukani,
nipume ebantwini bami, kwa nina nosapo
luka-Sirayeli, niye nikonze UYEHOVA nje-
ngokutsho kwenu. 32 Zitabateni negusha
zenu, nenkomo zenu, njengokutsho kwenu,
nimke; ize ninditamsanqelise kanjako.

33 Ati nama-Jipete anyanzela abantu,
ngokunxamela ukubandulula kwelozwe,
ngokuba ebesiti: Sonke singabafileyo!
34 Baza abantu batabata inklama yabo
ingekabiliswa, imikombe yokubuca yabo
ibotshiwe ezingutyeni zabo pezu kwama-
gxalaba abo. 35 Lwaye usapo luka-Si-
rayeli lwenza ngelizwi lika-Mosesi; lwa-
biza kuma-Jipete impahla zesilivere,
nempahla zegolide, nezivato. 36 Waye
UYEHOVA wanika abantu ufefe emehlweni
ama-Jipete, ada abenzela ukucela kwabo:
baza bapanga ama-Jipete.

37 Lwandula usapo luka-Sirayeli lwa-
nduluka e-Ramesese lwaya ngase-Sukote,
lungati lungamawaka angamakulu mata-
ndatu amadoda ehamba ngenyawo, nga-
pandhle kwabantwana. 38 Kwenyuka nalo
nento enninzi yabadityanisiweyo, negusha,
nenkomo, imfuyo enkulu kunene. 39 Lwaza
lwoja izonkana ezingenagwele ngenklama
bolupumile nayo e-Jipete, ngokuba yona
ibingabiliswanga; ngokuba belugxotwe
e-Jipete, lwada lwakohlwa ukulibala; lube
lungazilungiselanga umpako kanjalo.

40 Kekaloku ukuhlala kwosapo luka-
Sirayeli, olube luhleli ngako e-Jipete, be-
kuyiminyaka imakulu mane, neminyaka
imashumi matatu ngapandhle. 41 Kwaza
kwati ekupeleni kweminyaka imakulu ma-
ne anamashumi matatu, kwandul' ukuti
ngokwa nguwo umhla lowo, kwapuma
yonke imikosi KAYEHOVA ezweni le-Jipete.
42 Bubusuku obo bokugcinelwa UYEHOVA,
ngenxa yokuyipumisa kwake ezweni le-
Jipete: obu bobobusuku bokugcinelwa
UYEHOVA lulo lonke usapo luka-Sirayeli
ngezizukulwana zalo.

43 Walekela wati UYEHOVA ku-Mosesi
naku-Arone: Nguló ummiselwa wayo ipa-
sika: Osukuba engowasemzini akayi kutya
kuyo: 44 kodwa osukuba esisicaka somntu,
otengiweyo ngemali, woti wakuba umalu-
sile, andule atye kuyo. 45 Olirañuka, nom-
qeshwa, akayi kudhla kuyo. 46 Iya ku-
tyiwa endhlwini 'nye; akuyi kupuma
nento yennyama endhlwini ukuya ngapa-
ndhle; kanjalo aniyi kwapula nalinye ita-
mbo kuyo. 47 Yonke inklanganiso yo-
Sirayeli iya kuyenza. 48 Naxeshekweni
kupambukele kuwe owasemzini, oya kuye-
nza ipasika KUYEHOVA, makati onke amadoda
anawo aluke, aze andule ukusondela, aye-



University of Fort Hare

uze; waeya kuba njengozelweyo elizweni: kodwa osukuba engalukanga akasayi kutya kuyo. 49 Umteto okwa 'mnye woba kozelweyo elizweni, nakowasemzini opambukeleyo pakati kwenu.

50 Lwaye luyenza ke lonke usapo luka-Sirayeli; kwa njengokuba UYEHOVA ebeyalele u-Mosesi no-Arone, lwenje njalo ke.

51 Kwaza kwati ngokwa nguwo umhla lowo, wapumisa UYEHOVA usapo luka-Sirayeli elizweni le-Jipete ngemikosi yalo.

13 Wandula wateta UYEHOVA ku-Mosesi, esiti: 2 Wenze ngcwele kumi onke amazibulo, kwa konke kuzityulwa ngako pakati kwosapo luka-Sirayeli, okwabantu nokwezilo; kukokwami oko.

3 Waye u-Mosesi wati ebantwini: Wukumbuleni lomhla, enipumile ngawo e-Jipete, endhlwini yobukoboka; ngokuba ngokwomelela kwesandhla UYEHOVA wanikupa kule*ndawo*: ngako akuyi kutyiwa okunegwele. 4 Namhla nje napuma ke, ngenyanga engu-Abibe. 5 Kwakuya kuti, xeshekweni UYEHOVA akuzisile elizweni laba-Kanane, nama-Hete, naba-Amori, nama-Hivi, nama-Yebusi, elo wabafungela oyihlo bako ukuba akupe lona, ilizwe elela ubisi nobusi, wandule uyenze lenkonzo ngalennyanga. 6 Intsuku zoba sixenxe uya kuzidhla izonka ezingenagwele ngazo, nangolwesixenxe usuku kwobako umtendeleko KUYEHOVA. 7 Izonka ezingenagwele zotyiwa intsuku ezo zosixenxe: akuyi kubonwa ngakuwe okubiliswayo; kanjalo aliyi kubonwa ngakuwe igwele kuyo yonke imida yako. 8 Wauya kushumayela kunyana wako ngomhla lowo, usiti: *Oku kwenziwe* ngenxa yoko UYEHOVA wandenzelayo, ndakupuma e-Jipete. 9 Kanjalo kwoba ngumqondiso kuwe pezu kwesandhla sako, nenkumbuzo pakati kwamehlo ako, uze umteto KAYEHOVA ube semlonyeni wako: ngokuba ngesandhla esomeleleyo UYEHOVA wakukupa e-Jipete. 10 Ngako uya kugcina lommiselwa ngexesha lawo, kwiminyaka ngeminyaka.

11 Kwakuya kuti, xeshekweni UYEHOVA aya kukuzisa ezweni laba-Kanane, njengokuba ebefunga kuwe nakoyihlo bako, akupe lona; 12 uya kwandula wahlukanisele UYEHOVA konke kuzityulwa ngako, nawo onke amazibulo avela kwizilo onazo; amaduna oba ngaKAYEHOVA. 13 Kodwa onke amazibulo eqwarashe uya kukulula wona ngexwana; ukuba kanti akuyi kuwakulula, wowapula intamo; kanjalo onke amazibulo abantu pakati kwonyana bako uya kuwakulula.

14 Kwakuya kuti, xeshekweni unyana wako aya kukubuza ngexesha elizayo, esiti: Iyinina lento? wandule ukuti kuye: Ngokwomelela kwesandhla wabesikupa UYEHOVA e-Jipete, endhlwini yobukoboka: 15 ngokuba bekute, nxa u-Faro wakwenza umgushanxa ukusindulula, wandula UYEHOVA wabulala onke amazibulo ezweni le-Jipete, kwa namazibulo abantu, namazibulo ezilo: kukona ndibingela UYEHOVA konke kuzityulwa ngako, okuzinkunzi; kodwa onke amazibulo onyana bami ndiyawakulula. 16 Kwakuya kuba ngumqondiso pezu kwesandhla sako, nembasa pakati kwamehlo ako: ngokuba ngokwomelela kwesandhla wabesikupa UYEHOVA e-Jipete.

17 KWAYE kute, xeshekweni u-Faro ebendulule abantu, waza UTIXO akabakapa ngendhlela yasezweni lama-Filistiya, nakuba leyo ibifutshane; ngokuba ebesiti UTIXO: Hleze abantu babe nosizi bakubona imfazwe, baze babuyele e-Jipete. 18 Kodwa UTIXO wabazekelelisa abantu ngendhlela yasenklango yolwandhle olubomvu. Lwati usapo luka-Sirayeli lwenyuka ezweni le-Jipete luxòbile.

19 Waye u-Mosesi watabata naye amatambo ka-Josefe; ngokuba yena ebekolisile ukulufungisa usapo luka-Sirayeli, esiti: UTIXO wonikumbula ngenyaniso; naniya kunyusa amatambo ami kule*ndawo* kunye nani.

20 Baye benduluka e-Sukote, baya bati waca e-Etame, ngasesipelweni senklango. 21 Waza UYEHOVA wahamba pambi kwabo, emini entsikeni yelifu, ukuba abakokele endhleleni, nasebusuku entsikeni yomlilo, ukuba abakanyisele, kuze kuhanjwe emini nasebusuku. 22 Ayemka intsika yelifu emini, kwa nentsika yomlilo ebusuku, ebusweni babantu.

14 Wandula wateta UYEHOVA ku-Mosesi, esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli, ukuba lujike luti waca pambi kwe-Pihahirote, pakati kwe-Migidole nolwandhle, malungana ne-Bali-tsefone: pambi kwayo niya kuti waca ngaselwandhle. 3 Waeya kuti u-Faro ngalo usapo luka-Sirayeli: Luxakekile elizweni; inklango iluvalele. 4 Ndize ndigwenxise inkliziyo ka-



University of Fort Hare

Faro, ukuba wolupntuma: ndandiya kube-
kwa ngaye u-Faro, nangayo yonke impi
yake, ukuze akwazi ama-Jipete ukuba mi-
na ndiNGUYEHOVA. Lwenje njalo ke.
5 Kwati kwakuxelwa kukumkani we-
Jipete ukuba abantu besabile, yandula ya-
guqulwa inkliziyo ka-Faro, neyezicaka
zake, ngakubo abantu, bati: Kunganina
ukuba siyenze lento, yokokuba sibandulule
o-Sirayeli ekusikonzeni? 6 Waza wase-
lebopa innqwelo yake yokulwa, watabata
naye abantu bake. 7 Watabata zazima-
kulu matandatu innqwelo zokulwa ezi-
nyuliweyo, nazo zonke innqwelo zokulwa
zase-Jipete, nenjengele pezu kwazo zonke
ngazinnye. 8 Ngokuba UYEHOVA ebegwe-
nxisile inkliziyo ka-Faro, yokumkani we-
Jipete, waza waputuma usapo luka-Sira-
yeli; kodwa usapo luka-Sirayeli beluse
lupumile ngesandhla esipakamileyo. 9 A-
suka ama-Jipete alupuluma, alufumana
lute waca ngaselwandhle; (onke amahashe
nennqwelo zokulwa zika-Faro, nabakweli
bake bamahashe, nempi yake;) kufupi ne-
Pihahirote, ngapambi kwe-Bali-tsefone.
10 Kwati akusondela u-Faro, lwandula
usapo luka-Sirayeli lwapakamisa amehlo
alo, kekaloku nangaya ama-Jipete ehamba
emva kwalo; lwoyika kakulu ke; lwaza
usapo luka-Sirayeli lwakala KUYEHOVA.
11 Lwaye lusiti ku-Mosesi: Kungokuba
kube kungeko 'manewaba e-Jipete na, le-
nto usifudusileyo sifele enklango? kunga-
nina ukuba wenje njalo kuti, ukuba usiku-
pile e-Jipete? 12 Asi lilo na ilizwi esa-
litetayo kuwe e-Jipete, sisiti: Siyeke, size
siwakonze ama-Jipete? Ngokuba kunge
kusilungele okokuba sikonze ama-Jipete,
ngapezu kwokokuba sifele enklango.
13 Koko wati u-Mosesi ebantwini:
Ningoyiki, yimani, nibone usindiso LUKA-
YEHOVA, aya kumenzela namhla nje; ngo-
kuba ama-Jipete eniwaboniléyo namhla
nje, ningasayi kupinda ukuwabona kude
kube ngunapakade. 14 UYEHOVA uya ku-
nilwela, noba niti tu nina.
15 Waza wati UYEHOVA ku-Mosesi: Yi-
nina ukuba ukale kumi? Teta nosapo luka-
Sirayeli, ukuba lunduluke: 16 uze wena
upakamise intonga yako, usolule isandhla
sako ngapezu kwolwandhle, ulucande:
lwoti usapo luka-Sirayeli luye pakati kwo-
lwandhle pezu kwowomileyo *umhlaba*. 17
Nami, bona ke, ndozigwenxisa inkliziyo
zama-Jipete, aeya kuza emva kwalo; nda-
ndiya kubekwa ugaye u-Faro nangayo yo-
nke impi yake, ngazo innqwelo zake zoku-
lwa nangabo abakweli bake bamahashe.
18 Aeya kukwazi ama-Jipete ukuba mina
ndiNGUYEHOVA, ndakubekwa ngo-Faro, *na*-
ngennqwelo zake zokulwa, nangabakweli
bake bamahashe.
19 Yaza ingelosi KATIXO, ebihamba pambi
kwomkosi wama-Sirayeli, yesuka yaya nga-
semva kwawo; yati nentsika yelifu yesuka
ebusweni bawo, yema ngasemva kwawo.
20 Yeza pakati kwomkosi wama-Jipete
nomkosi wama-Sirayeli; laye liba lilifu
lobumnyama *kwabaya*, kanti labukanyisa
ubusuku *kwaba*; waza omnye *umkosi* awa-
sondela komnye bonke ubusuku obo.
21 Waye u-Mosesi wolula isandhla sake
ngapezu kwolwandhle; wandula UYEHOVA
wemkisa ulwandhle ngommoya onama-
ndhla wasempumalanga bonke ubusuku
obo, walwenza ulwandhle lube *ngumhlaba*
owomileyo, ati amanzi acandeka. 22 Lwa-
za usapo luka-Sirayeli lwaya pakati kwo-
lwandhle pezu kwowomileyo *umhlaba*; aza
amanzi aba ludonga kulo ngesokunene salo
nangesokohlo salo.
23 Aputuma ke ama-Jipete, angena em-
va kwalo, onke amahashe ka-Faro, innqwe-
lo zake zokulwa, nabakweli bake bama-
hashe, kwa pakati kwolwandhle. 24 Kwa-
za kwati ngelokusa ivarasho, wakangela
UYEHOVA ngasemkosini wama-Jipete ngayo
intsika yomlilo nelifu, wapitizelisa umkosi
wama-Jipete; 25 wahlangula nevili zen-
nqwelo zawo zokulwa, wazihambisa ngo-
kunzima; ada ati ama-Jipete: Masisabe
ebusweni bama-Sirayeli, ngokuba UYEHOVA
elwela wona ngakuwo ama-Jipete. 26 Wa-
za UYEHOVA wati ku-Mosesi: Yolula isa-
ndhla sako ngapezu kwolwandhle, aze a-
manzi abuyele pezu kwama-Jipete, pezu
kwennqwelo zawo zokulwa, napezu kwaba-
kweli bawo bamahashe. 27 Wasuka u-
Mosesi wolula isandhla sake ngapezu kwo-
lwandhle; lwandula ulwandhle lwabuyela
ekweleni kwalo okufuti, kwakuza kusa; ati
ama-Jipete esaba ngakulo; waza UYEHOVA
wavutulula ama-Jipete pakati kwolwa-
ndhle. 28 Ngokuba ebebuya amanzi lawo,
aselela innqwelo zokulwa, nabakweli ba-
mahashe, kunye nayo yonke impi ka-Faro
ebingene emva kwawo elwandhle; akwa-
sala kubo kwa namnye. 29 Kodwa usapo
luka-Sirayeli lwahamba pezu kwowomileyo
*umhlaba* pakati kwolwandhle; ati amanzi



University of Fort Hare

aba ludonga kulo ngesokunene salo nange-
sokohlo salo.
30 Kwa njalo ke UYEHOVA wasindisa o-
Sirayeli ngalomhla esandhleni sama-Ji-
pete; baza o-Sirayeli babona ama-Jipete
efile ngaselunxwemeni lwolwandhle. 31
Kanjalo babona o-Sirayeli lowomsebenzi
umkulu, owayewenzile UYEHOVA pezu kwa-
ma-Jipete; baye abantu besoyika UYEHOVA,
bakolwa NGUYEHOVA nokukolwa, nangu-
Mosesi isicaka sake.

15 WANDULA wavuma u-Mosesi, kwa no-
sapo luka-Sirayeli, lengoma KUYEHOVA;
baye besitsho ukuti:
Ndovuma KUYEHOVA, ngokuba epakanyi-
siwe ngento ebungcwalisa. Ihashe nom-
kweli walo ubaposele elwandhle.
2 UYEHOVA uludumiso lwami neculo
lami; ude waba lusindisokumi: lo UNGUTIXO
wami, ndiya kumbonga; NGUTIXO kabawo,
ndiya kumdumisekisa. 3 UYEHOVA uli-
roti lemfazwe: NGUYEHOVA igama lake.
4 Inmqwelo zokulwa zika-Faro nempi yake
uzijulele elwandhle; injengele zake ezi-
dhlulisileyo zintywilisiwe elwandhle olu-
bomvu. 5 Inzulu zibagubungele; batsho-
nele emazantsi njengelitye. 6 Isandhla
sako sokunene, YEHOVA! sizukisiwe nga-
mandhla; isandhla sako sokunene, YEHOVA!
silute gqobo utshaba. 7 Ngobukulu besi-
tomo sako ubacitile abo basukela ngakuwe;
watuma umsindo wako, obubadhla nje-
ngendiza. 8 Ngommoya wempumlo yako
afumbeka amanzi; imisinga yapakama nje-
ngemfumba; inzulu zajiyiswa embilini
wolwandhle.
9 Lwati utshaba: Ndoputuma, ndofu-
mana, ndowaba amaxòba; umxèlo wami
wozaliswa ngabo; ndiya kurola isirele sa-
mi; isandhla sami sobagqogqa.
10 Waqutisa ngommoya wako; ulwa-
ndhle lwabagubungela; batshona njenge-
lode emanzini amakulu. 11 Ngubanina
onjengawe pakati kwotixo, YEHOVA? Ngu-
banina onjengawe, uzukisekile ngobu-
ngcwele, usoyikeka ezindumyisweni, use-
nza okungummangaliso? 12 Wolula isa-
ndhla sako sokunene; wabaginya ke um-
hlaba. 13 Wakokela ngobubele bako a-
babantu ubakululeyo; wabakapela nga-
mandhla ako ekaya lako elingcwele.
14 Inklanga ziya kuva, zib• nevuso; u-
tutumelo luya kubamba abemi base-Fili-
stiya. 15 Ziya kwandula zituswe inko-
sana zase-Edome; abakulu base-Mowa-
bi. kwobabamba ukungcangcazela; baya
kunyibilika bonke abemi base-Kanane.
16 Kwobawela ukwoyika nokunkwantya;
ngobukulu bengalo yako boti cwaka nje-
ngelitye; bade bagqite abantu bako, YE-
HOVA! bade bagqite abantu ubatengileyo.
17 Uya kubangenisa, ubatyale entabeni
yelifa lako, endaweni uyenzile ibe yeyo-
kuhlala kwako, YEHOVA! kweyingcwele,
NKOSI! ezite izandhla zako zayiqinisa.
18 UYEHOVA uya kupata ngobukumkani
kude kube ngunapakade!
19 Ngokuba bekungenile amahashe ka-
Faro, kunye nenmqwelo zake zokulwa, na-
kunye nabakweli bake bamahashe, kulo u-
lwandhle, waza UYEHOVA wabuyisa amanzi
olwandhle pezu kwabo; kanti usapo luka-
Sirayeli beluhambile pezu kwowomileyo
*umhlaba* pakati kwolwandhle.
20 Waye u-Miriyame, umprofitekazi, u-
dade ka-Arone, watabata intambula esa-
ndhleni sake; aza apuma onke amankaza-
na emva kwake,* enentambula nemidudo.
21 Wandula u-Miriyame wapendula kuwo
*amadoda*, ngokuti:
Vumani KUYEHOVA, ngokuba epakanyi-
siwe ngento ebungcwalisa. Ihashe nom-
kweli walo ubaposele elwandhle.
22 Wada u-Mosesi wandulula o-Sirayeli
elwandhle olubomvu; baza bapumela nga-
senklango ye-Shure; bahamba intsuku za-
ntatu enklango apo, bengafumananga 'ma-
nzi. 23 Bati bakufika e-Mara, bakohlwa
'kusela amanzi ase-Mara, ngokuba ebe ra ra
wona; ngako oko igama la*ndawo* labizwa
ngokuti yi-Mara.* 24 Baza abantu barora
ngaku-Mosesi, besiti: Sosela 'nto nina?
25 Wakala ke KUYEHOVA; waza UYEHOVA
wambonisa umti, owati akuwuposa ema-
nzini, amanzi asel' eba mnandi. Apo ke
wabenzela ummiso nesiko; nalapo waba-
linga; 26 wati: Xeshekweni uya kuku-
tala ukupulapula ilizwi LIKAYEHOVA, LOTIXO
wako, ukwenze okufaneleyo emehlweni a-
ke, unikele imiyalelo yake indhlebe, uyi-
gcine yonke imimiso yake, andiyi kubeka
pezu kwako nasinye kwezozifo ndizibeki-
leyo pezu kwama-Jipete: ngokuba mina
ndiNGUYEHOVA okupilisayo.
27 Baza bafika e-Elime, apo kwakuko
imitombo yamanzi ilishumi linamibini, ne-

* *Oko kukuti:* Uburara.



University of Fort Hare

miti yepaline imashumi asixenxe: bati
waca apo ke ngasemanzini.

16 KWADA kwandulukwa e-Elime; ya-
za yonke inklanganiso yosapo luka-
Sirayeli yafika enklango ye-Sine, epakati
kwe-Elime ne-Sinai, ngoweshumi linesi-
hlanu umhla wenyanga yesibini yokupu-
ma kwalo ezweni le-Jipete. 2 Yasuka ya-
rora yonke inklanganiso yosapo luka-Sira-
yeli ngaku-Mosesi nangaku-Arone enkla-
ngo apo. 3 Lwaye usapo luka-Sirayeli
lusiti kubo: Akwaba sabesifele ezweni le-
Jipete ngesandhla SIKAYEHOVA, nxa sibe
sihleli ngasezimbizeni zennyama, *nanxa* si-
be sisitya isonka kwada kwahlutwa! ngo-
kuba nisipumisile ukuza kulenklango, uku-
ba nibubise wonke lomhlambi ngokulamba.
4 Wandula UYEHOVA wati ku-Mosesi:
Bona ke, ndiya kuminisela isonka ezulwi-
ni; babeya kupuma abantu, babute into
yemmini 'nnye ngemmini yayo; ukuze
ndibalinge, ukuba bohamba emtetweni wa-
mi, abayi *kuhamba kuwo*, kusinina. 5 Kwa-
kuya kuti ngemmini yesitandatu, bakulu-
ngisa oko bakungenisileyo, kwoba kokupi-
ndiweyo ngapezu kwoko bakubutayo imi-
hla ngemihla.
6 Baza bati u-Mosesi no-Arone kulo lo-
nke usapo luka-Sirayeli: Ngokuhlwa niya
kwandula ukwazi ukuba NGUYEHOVA oniku-
pileyo ezweni le-Jipete; 7 nangokusa
niya kwandula ukubona ubungcwalisa BU-
KAYEHOVA; ngokuba evile ukurora kwenu
NGAKUYEHOVA: kekaloku tina siyinto nina,
okokuba nirora ngakuti? 8 Wati kanjalo
u-Mosesi: Nxa UYEHOVA aya kunipa ngo-
kuhlwa innyama ukuba nitye, ati kwakusa
*anipe* isonka ukuba nihlute, *kwoba* ngokuba
UYEHOVA evile ukurora kwenu enirora ngako
ngakuye: kekaloku tina siyinto nina?
akungakuti ukurora kwenu, kungakuye
UYEHOVA.
9 Waza u-Mosesi wati ku-Arone: Yiti
kuyo yonke inklanganiso yosapo luka-Si-
rayeli: Sondelani ebusweni BUKAYEHOVA;
ngokuba evile ukurora kwenu. 10 Kwaye
kute, nxa asateta u-Arone kuyo yonke in-
klanganiso yosapo luka-Sirayeli, kwabekwa
ngasenklango, kekaloku nabu ubungcwalisa
BUKAYEHOVA bubonakala efini. 11 Waza
wateta UYEHOVA ku-Mosesi, esiti: 12 Ndi-
kuvile ukurora kwosapo luka-Sirayeli;
teta kulo, usiti: Pakati kwokuhlwa niya
kudhla innyama, nangokusa niya kuhluta
sisonka; naniya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu.
13 Kwaza kwati, ngokuhlwa zenyuka
izagwityi, zagubungela umnquba; nango-
kusa umbete waulele ungqonga umnquba.
14 Kwati kwakunyuka umbete obulele
*kona*, nantsi ipezu kwobuso benklango into
enncinanana equvileyo, enncinanana nje-
ngengqele emhlope pezu kwomhlaba. 15
Lwaza usapo luka-Sirayeli, lwakuyibona,
lwati olunye kolunye: Yinto nina le? ngo-
kuba lube lungazi iyinto nina. Wayesiti
u-Mosesi kulo: Le isisonka anipileyo UYE-
HOVA sibe kukutya. 16 Into ayiyaleleyo
UYEHOVA yile *yokuti:* Butani kuyo, abanye
ngabanye ngento engangokutya kwabo,
ibe yiomere kumntu 'mnye, njengenani
leziqu zakokwenu; bonke mabatabatele
abo basezintenteni zabo. 17 Lwenje njalo
usapo luka-Sirayeli, lwabuta ke, innxennye
ngokuninzi, nennxennye ngokuncinane. 18
Kodwa kwakulinganiswa ngeomere, obebu-
te okuninzi akabanga nokupezulu, nobebute
okuncinane akabanga nakuswela; babuta
abanye ngabanye ngento engangokutya
kwabo. 19 Wayesiti u-Mosesi kubo: Ma-
kungabiko 'mntu osalisa kuyo kude kuse.
20 Abampulapula u-Mosesi noko; kodwa
innxennye babesalisa kuyo kwada kwasa,
yaza yabola zimpetu, yanuka; wabaqu-
mbela ke u-Mosesi. 21 Kekaloku bayi-
buta ngemiso ngemiso, abanye ngabanye
ngento engangokutya kwabo; yati, laku-
balela ilanga, yanyibilika.
22 Kwaza kwati, ngemmini yesitandatu
babuta isonka esipindiweyo, zaziziomere
zimbini *kumntu* 'mnye; zasuka zonke inko-
sana zenklanganiso zeza zaxela ku-Mosesi.
23 Wayesiti kuzo: Koku UYEHOVA aku-
tshilo: Ngomso lixesha lopumlo, isabata
eyingcwele KUYEHOVA; leyo niya kuyoja,
yojeni, naleyo niya kuyipeka, yipeke-
ni; nayo yonke eliliva nizibekelele yona
ize igcinwe kude kuse. 24 Baza bayibe-
kela kwada kwasa, njengokuba ebeyalelo
u-Mosesi; ayanuka ke, akwabako 'mpetu
kuyo kanjalo. 25 Wandula wati u-Mosesi:
Yityani leyo namhla nje, ngokuba namhla
yisabata KUYEHOVA; aniyi kuyifumana e-
zindhle namhla. 26 Noyibuta imihla ibe
mitandatu; kodwa ngomhla wesixenxe,
ngowesabata, ayiyi kubako ngawo. 27
Kwaza kwati ngomhla wesixenxe, kwa-
puma innxennye yabantu ukuya kubuta,
koko bengafumananga. 28 Waza wati



University of Fort Hare

UYEHOVA ku-Mosesi: Niya kwala kude kube
ninina ukugcina imiyalelo yami nemiteto
yami? 29 Niyabona ke, ngokokuba UYE-
HOVA enipile isabata, kukona anipayo
ngomhla wesitandatu isonka semihlamibini:
hlalani, abanye ngabanye ezindaweni za-
bo, kungesuki namnye endaweni yake
ngomhla wesixenxe. 30 Baza abantu ba-
pumla ngomhla wesixenxe. 31 Kekaloku
indhlu ka-Sirayeli yayibiza ngegama eli-
yimana: yabinjengembewu yekoriyande,
imhlope; nesongo layo belinjengezonkana
ezinobusi.
32 Wati kanjalo u-Mosesi: Into ayiya-
leleyo UYEHOVA yile *yokuti*: Zalisani iomere
ngayo, ize igcinelwe izizukulwana zenu;
ukuze babone isonka endinidhlisile sona
enklango, ndakunikupa elizweni le-Jipete.
33 Waza wati u-Mosesi ku-Arone: Tabata
isitya sibe sinye, uyibeke kuso iomere izele
yemana; uze uyibekele ngasebusweni BU-
KAYEHOVA, ukuba igcinelwe izizukulwana
zenu. 34 Njengokuba UYEHOVA ebemya-
lele u-Mosesi, kwa njalo u-Arone wayibe-
kela ngasebusweni *betyeya yesinqino* ukuba
igcinwe. 35 Lwaye usapo luka-Sirayeli
belusidhla imana iminyaka yamashumi
mane, lwada lwafika ezweni elimiweyo;
lwadhla imana lwada lwafika emideni yeli-
zwe le-Kanane. 36 Kekaloku iomere ise-
seshumi *isiqingata* seyefa.

17 YAZA yanduluka yonke inklanganiso
yosapo luka-Sirayeli enklango ye-Sine,
ngemfuduko zayo, njengokuxela KUKAYE-
HOVA, yada yati waca e-Refidime: kwaye
kungeko 'manzi okuba basele abantu. 2
Ngako abantu bapika no-Mosesi, bati: Sipe
amanzi, sisele. Wati kubo u-Mosesi: Yi-
nina ukuba nipike nami? Yinina ukuba
nilinge UYEHOVA? 3 Koko abantu bebe-
nxanelwa amanzi kona; bandula abantu,
barora ngaku-Mosesi, bati: Yinina lento
ukuba usinyusile e-Jipete, ukuze usibu-
bise tina, nabantwana betu, nenkomo zetu,
ngenxanwa?
4 Waza u-Mosesi wakala KUYEHOVA, esi-
ti: Ndoti nina kubo ababantu? bohla ba-
ndigibisele ngamatye! 5 Wati UYEHOVA ku-
Mosesi: Yandulela wena pambi kwabantu,
utabate nawe kubadala bo-Sirayeli; nento-
nga yako, obubeta ngayo umlambo, uyipa-
te esandhleni sako, uhambe. 6 Bona ke,
ndiya kuma ebusweni bako kona, pezu
kwelityekazi lase-Horebe; wauya kubeta
ilityekazi, kuze kupume amanzi kulo, u-
kuba basele abantu. Wenje njalo ke u-
Mosesi emehlweni abadala bo-Sirayeli.
7 Wabiza igama lalendawo ngo-Masa,* na-
ngo-Meriba,† ngennxa yokupika kwosapo
luka-Sirayeli, nangennxa yokumlinga kwa-
lo UYEHOVA, lusiti: Uko na UYEHOVA pakati
kwetu, akako kusinina?

8 KWANDULA kweza o-Amaleki, ba-
lwa no-Sirayeli e-Refidime. 9 Waza wati
u-Mosesi ku-Yoshuwa: Siketele amadoda,
uze upume, ulwe no-Amaleki; ngomso
ndiya kuma engcopo yenduli, ndinentonga
KATIXO esandhleni sami. 10 Waya u-Yo-
shuwa wenza njengokuba ebetshilo kuye
u-Mosesi, walwa no-Amaleki; koko u-
Mosesi, no-Arone, no-Hure, benyukela en-
gcotsheni yenduli. 11 Kwaza kwati, a-
kupakamisa isandhla sake u-Mosesi, kwa-
ndula kweyisa o-Sirayeli; kanti akuhlisa
isandhla sake, kwandula kweyisa o-Ama-
leki. 12 Kodwa izandhla zika-Mosesi za-
ba nzima; ngako batabata ilitye, balibeka
ngapantsi kwake, waza wahlala pezu kwa-
lo: bati u-Arone no-Hure baxasa izandhla
zake, omnye engelinye *icala*, omnye enge-
linye; zaza izandhla zake zati nqi lada la-
tshona ilanga. 13 Kwa njalo u-Yoshuwa
wacita o-Amaleki nabantu bakowabo ngo-
hlangoti lwesirele. 14 Waza UYEHOVA
wati ku-Mosesi: Bàla lento ibe yinkumbu-
zo ennewadini, uyibeke ezindhlebeni zika-
Yoshuwa; ngokuba ndiya kugqibela uku-
cima inkunjulwa ka-Amaleki ngapantsi
kwezulu. 15 Wandula u-Mosesi waka
isibingelo, wasibiza ngegama lokuti: UYE-
HOVA yibanile yami! 16 ngokuba ebesiti:
Ngokokuba isandhla *sabo* sibe singakuyo
iterone KAYEHOVA, *kukona* imfazwe KAYE-
HOVA iya kuba ngako-Amaleki kwisizuku-
lwana ngesizukulwana.

18 WATI u-Yetero, umperisite wase-Mi-
diyane, usomfazi ka-Mosesi, akuba e-
vile konke UTIXO ebekwenzele u-Mosesi
no-Sirayeli abantu bake, okokuba UYEHOVA
ebepumisile o-Sirayeli e-Jipete; 2 wa-
ndula u-Yetero, usomfazi ka-Mosesi, wata-
bata u-Tsipora, umfazi ka-Mosesi, (emveni
kwokuba ebemndulule,) 3 nonyana bake
bobabini; elati igama lomnye lalingu-Ge-
reshome; ngokuba ebesiti: Ndingowasem-

* *Oko kukuti:* Ukulinga.
† *Oko kukuti:* Ukupika.



University of Fort Hare

bukumkani babaperisite kumi, nesizwe e-
singcwele. Ngawo la amazwi oya kuteta
wona elusatsheni luka-Sirayeli.
7 Waselesiza u-Mosesi wabiza abadala
babantu, wabeka ebusweni babo onke la-
mazwi wabemyalela wona UYEHOVA. 8 Ba-
pendula bonke abantu kwa kunye, bati:
Konke akutetileyo UYEHOVA siya kukwe-
nza. Waza u-Mosesi wawabuyisela KUYE-
HOVA amazwi abantu.
9 Wati UYEHOVA ku-Mosesi: Bona ke,
ndiyeza kuwe elifini elibungqingqwa, ngen-
nxa yokuba abantu beve ndakuteta nawe,
nokuba bakolwe nguwe kude kube nguna-
pakade. Waye u-Mosesi waxela amazwi
abantu KUYEHOVA. 10 Wati UYEHOVA
kanjalo ku-Mosesi: Yiya ebantwini, u-
bangcwalise namhla nangomso; maba-
hlanze ingubo zabo kanjalo; 11 baze babe
sebelungile ngemmini yesitatu: ngokuba
ngemmini yesitatu eya kuhla UYEHOVA
pambi kwamehlo abantu bonke, pezu
kwentaba ye-Sinai. 12 Wauya kumisela
abantu imida ngokuti ngqonga, usiti:
Zilumkeleni, ize ningenyukeli entabeni,
ningacukumisi nodini lwayo: osukuba
ecukumisa intaba, uya kubujiswa ngen-
nyaniso; 13 akuyi kumcukumisa isandhla,
koko aya kugityiselwa ngmatye, umhlaumbi
uya kuhlatywa; nokuba sisilo, nokuba
yindoda, ayiyi kupila. Nxa ixilongo lihlo-
komayo, baya kunyuka beze entabeni.
14 Waza u-Mosesi wehla entabeni waya
ebantwini, wabangcwalisa abantu; baza
bahlanza ingubo zabo. 15 Wayesiti e-
bantwini: Yibani nilungile ngemmini ye-
sitatu; ningasondeli emfazini.
16 Kwaza kwati ngemmini yesitatu,
kwakusa, kwabako indudumo nemibane, ne-
lifu elinzima pezu kwentaba, nenklokoma
yexilongo inamandhla kakulu; bada bangca-
ngcazela bonke abantu ababesemnqubeni.
17 Wandula u-Mosesi wapuma nabantu
emnqubeni, ukuya kuhlangana NOTIXO;
baya bema emazantsi entaba. 18 Yaza
intaba ye-Sinai yaquma umsi yonke, ngo-
kokuba UYEHOVA ebesihla pezu kwayo em-
lilweni: kanjalo umsi wayo wenyuka
njengomsi wesidhlangalala, yangcangcazela
kakulu intaba yonke. 19 Kwati yakunana
ukwanda ngamandhla ngakumbi inklokoma
yexilongo, kwateta u-Mosesi; waye UTIXO
wampendula ngelizwi. 20 Wehla UYE-
HOVA pezu kwentaba ye-Sinai, kwa sen-
gcopo yentaba: wandula UYEHOVA wambiza
u-Mosesi *enyukele* engcopo yentaba; we-
nyuka ke u-Mosesi.
21 Waza UYEHOVA wati ku-Mosesi:
Yihla, yala abantu, hleze batyobozele KU-
YEHOVA ukuza kubonela, kwenzakale kubo
into enninzi. 22 Kanjalo nabaperisite, a-
basondelayo KUYEHOVA, mabazingcwalise,
hleze UYEHOVA agaleleke pezu kwabo. 23
Waza u-Mosesi wati KUYEHOVA: Abantu
bakohliwe kukunyukela entabeni ye-Si-
nai; ngokuba wena usiyalile, usiti: Misela
intaba imida, uyingcwalise. 24 Koko
UYEHOVA wati kuye: Hamba, uhle,
ubuye unyuke, wena no-Arone kunye
nawe; kodwa abaperisite nabantu maba-
ngatyobozeli ukuza kunyukela KUYEHOVA,
hleze agaleleke pezu kwabo. 25 Wa-
ndul' ukuhla u-Mosesi waya ebantwini,
watsho kubo.

20 WAZA UTIXO wateta onke lamazwi,
esiti:
2 Mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wako, oku-
kupileyo elizweni le-Jipete, endhlwini
yobukoboka. 3 Akuyi kuba nabo otixo
bambi ngapandhle kwami.
4 Akuyi kuzenzela umfanekiso oqingqi-
weyo, namnye into efana nesezulwini pe-
zulu, nesemhlabeni pantsi *apa*, nesemanzini
pantsi kwomhlaba: 5 akuyi kutoba pambi
kwazo; akuyi kuzikonza kanjalo: ngokuba
mina 'YEHOVA, UTIXO wako, ndiNGUTIXO one-
kwele, ndiyohlwayela inkohlakalo yoyise
pezu kwabantwana, pezu kwesesitatu na-
pezu kwesesine *isizukulwana* sabanditiyayo;
6 ndiwenzela ububele amawaka abandita-
ndayo nabayigcinayo imiyalelo yami.
7 Akuyi kufumana ulibize igama LIKA
YEHOVA, UTIXO wako: ngokuba UYEHOVA
engayi kumyeka angabi natyala lowo ufu-
mana elibiza igama lake.
8 Kumbula umhla wesabata, ukuba uwe-
nze ngcwele. 9 Wosebenza imihla ibe
mitandatu, uwenze wonke umsebenzi wako:
10 kodwa umhla wesixenxe uyisabata KA-
YEHOVA, UTIXO wako; akuyi kwenza nam-
nye umsebenzi *ngawo*, kwa wena, nonyana
wako, nentombi yako, nesicaka sako, nesi-
cakakazi sako, nenkomo zako, nowasemzini
wako opakati kwamasango ako: 11 ngo-
kuba ngemihla mitandatu wenza UYEHOVA
izulu nomhlaba, nolwandhle, nako konke
okukuzo, waza wapumla ngomhla wesixe-
nxe: ngoko wawutamsanqelisa UYEHOVA
umhla wesixenxe, wawenza ngcwele.



University of Fort Hare

langa isandhla sake ngakuyo impahla yom-
melwane wake; andule umniniso asamkele,
angabuyekezi. 12 Kanti ukuba sibìwe
kanye kuye, wobuyekeza kumniniso.
13 Ukuba siqwengiwe kanye, makasizise
*sibe* linqìna: akayi kubuyekezela okuqwe-
ngiweyo.

14 Kanjalo xeshekweni umntu aboleka
*into* kummelwane wake, ize yapulwe,
umhlaumbi ife, umniniyo engeko nayo,
wobuyekeza ngennyaniso. 15 Ukuba um-
niniyo uko nayo, akayi kubuyekeza: uku-
ba iyinto eqeshiweyo, yeza ngennxa yom-
vuzo wayo.

16 Nxa indoda ihendayo intombi e-
ngaxanyiweyo, ide ilale nayo, yosel' iyi-
lobolela ukuba ibe ngumfazi wayo. 17
Ukuba uyise uyala kanye ukuyinika kuyo,
yorola imali njengekazi lentombi.

18 Akuyi kuvuma isanusekazi sipile.

19 Osukuba elala nesilo uya kufiswa
ngennyaniso.

20 Obingela otixo *bambi*, ngapandhle
kwake UYEHOVA yedwa, wolahlelwa eku-
tshabalaleni.

21 Akuyi kumkataza owasemzini, akuyi
kumncinezela kanjako; ngokuba nibe
ningabasemzini ezweni le-Jipete.

22 Aniyi kubandezela nannye umhlo-
lokazi nenkedama. 23 Ukuba uka uba-
bandezele, nokuba baka bakale kumi,
ndiya kukuva ngennyaniso ukukala kwabo;
24 yandule ivute ingqumbo yami, ndize
ndinibulale nina ngesirele; bati abafazi
benu babe ngabahlolokazi, nabantwana
benu babe zinkedama.

25 Ukuba uyaboleka *omnye* wabantu bami
olihlwempu ngakuwe imali, akuyi kuba
kuye njengomboleki obang' inzuzo; akuyi
kubeka pezu kwake inzuzo enkulu. 26
Ukuba uka utabate ingubo yommelwane
wako ibe ngumbambiso, woyibuyisela
kuye lingekatshoni ilanga: 27 ngokuba
yona isisigubungelo sake yodwa; iyingu-
bo yake pezu kwenklonze yake: ebeya
kulala nganto nina? kwakuya kuti, nxa
akala kumi, ndandule ukuva; ngokuba
ndinofefe mina.

28 UTIXO akuyi kumtuka, nenkosi pezu
kwabantu bako akuyi kuyiqalekisa.

29 Ulibo lwenunqolowa yako nolweve-
yine yako ungalibali *ukunikela ngalo:* owa-
mazibulo konyana bako uya kumnika
kumi. 30 Uya kwenje njalo ngenkomo
zako *na*ngegusha zako; zoba nonina imi-
hla ibe 'sixenxe; ngomhla wesibozo uya
kuzinika kumi.

31 Naniya kuba ngabantu abangcwele
kumi: kanjako inyama eqwengiweyo ezin-
dhle aniyi kuyidhla; yona niya kuyiposa
ezinjeni.

23 Akuyi kutabata ireto elibuxoki:
isandhla sako ungasibekani nokohla-
keleyo ukuba linqìna lobudhlwengu. 2 A-
kuyi kulandela abaninzi ng*okwenza* oku-
bi; kanjalo akuyi kuteta elupikisweni
ngokupambukela emva kwabaninzi uku-
tyekisa *ugwebo:* 3 nolihlwempu akuyi
kumbuka elupikisweni lwake.

4 Nxa ufumanana nenkabi yotshaba
lwako, umhlaumbi neqwarashe lalo lila-
hleka, wolibuyisela kulo ngennyaniso.
5 Nxa ulibona iqwarashe lokutiyayo lilele
ngapantsi kwomtwalo walo, uya kulandula
ukumkululela na? wokulula ngennyaniso
kunye naye.

6 Akuyi kutyekisa ibango lehlwempu
lako elupikisweni lwalo. 7 Kwelela
kude emcimbini wobuxoki; kanjalo onge-
natyala nolungileyo ungababulali: ngo-
kuba ndingayi kugwebela okohlakeleyo.
8 Nebaso akuyi kulamkela; ngokuba ibaso
limfamekisa abanokubona, lijikise amazwi
abalungileyo.

9 Nowasemzini akuyi kumncinezela:
ngokuba nina niwazi umpefumlo wowa-
semzini, ekokubeni nibe ningabasemzini
ezweni le-Jipete.

10 Yiminyaka mitandatu uya kuhlwa-
yela umhlaba wako, ubute ukuvelisa kwa-
wo; 11 kodwa ngowesixenxe uya kuwu-
pumza, uwuyeke; ukuba amahlwempu
abantu bako adhle, nokushiyiweyo ngawo
zikudhle izilo zasendhle: uya kwenje njalo
ngesitiya sako semiti yeveyine, *na*ngesi-
tiya sako seminquma.

12 Yimihla mitandatu uya kwenza um-
sebenzi wako, kodwa ngomhla wesixenxe
uya kupumla; ukuba kupumle inkabi yako
neqwarashe lako, nokuba ati pefu unyana
wesicakakazi sako, nowasemzini.

13 Ngako konke endikutshilo kuni zilu-
mkeleni: negama lotixo bambi ningali-
kankanyi; malingaviwa emlonyeni wako.

14 Ngamaxesha matatu uya kundenzela
umtendeleko emnyakeni 'mnye. 15 Umte-
ndeleko wezonka ezingenagwele wowu-
bamba: (wodhla izonka ezingenagwele
imihla ibe 'sixenxe, njengokuba ndikuya-
lele, ngelimisiweyo ixesha lennyanga



University of Fort Hare

engu-Abibe ; ngokuba ngayo ubupuma e-
Jipete : kanjalo mabangabonakali pambi
kwami bengenanto :) 16 nomtendeleko
wokuvuna, wolibo lwokwemisebenzi yako,
oko ukuhlwayeleyo entsimini: nomte-
ndeleko wokubuta, ngasekupeleni kwom-
nyaka, uxa ubutileyo okwemisebenzi
yako entsimini. 17 Kwoba ngamaxesha
matatu emnyakeni 'mnye onke amadoda
ako aya kubonakala ebusweni BENKOSI UYE-
HOVA.
18 Akuyi kunikela igazi lombingo wami
ndawonye n*esonka* esibiliswayo ; kanjako
inqata *lombingo* womtendeleko wami aliyi
kuhlala kude kuse.
19 Isiqalo selibo zomhlaba wako uya
kusingenisa endhlwini KAYEHOVA, UTIXO
wako.
Musa ukupeka itakane lebokwe elubisini
lwonina.

20 BONA ke, ndituma INGELOSI pambi
kwako, ukuya kukugcina endhleleni no-
kukuzisa kulondawo endiyilungisileyo.
21 Lumkela yona, ulive ilizwi layo, ungayi-
capukisi ; ngokuba ingayi kuxolela izigqito
zenu ; ngokuba igama lami likuyo. 22 Ko-
dwa ukuba uya kukutala ukuliva ilizwi
layo, wenze konke endikutetayo, ndiya
kwandula ndibe lutshaba ezintshabeni zako,
nomalane kubalane bako. 23 Ngokuba
INGELOSI yami iya kuhamba ebusweni bako,
ikungenise kuba-Amori, nama-Hete, nama-
Perizi, naba-Kanane, *na*ma-Hivi, nama-Ye-
busi ; ndandiya kubatshabalalisa. 24 Mu-
sa ukutoba pambi kwotixo babo, ungaba-
konzi nokubakonza ; kanjalo akuyi kwenza
ngemisebenzi yabo : koko uya kubacita ka-
nye, ugqibele ukuziqekeza izifanekiso zabo.
25 Naniya kumkonza UYEHOVA, UTIXO
wenu, oya kutamsanqelisa isonka sako na-
manzi ako ; ndandiya kususa isifo pakati
kwenu. 26 Akuyi kubako osisu sipumayo
nodhlolileyo ezweni lenu : inani lemihla
yako ndolizalisa. 27 Isoyikiso sami ndosi-
tuma pambi kwako, ndize ndipitizelise
bonke abantu eniya kufika kubo ; ndandiya
kwenza zonke intshaba zako zikujikele
umhlana. 28 Kanjako ndiya kutuma ono-
meva pambi kwako, abaya kugxota ama-
Hivi, *na*ba-Kanane, nama-Hete, kwa sebu-
sweni bako. 29 Andiyi kubagxota pambi
kwako emnyakeni 'mnye, hleze ilizwe libe
'bugxwayiba, namarannewa asendhle andi-
swe ngakuwe. 30 Ngento enncinane na-
ngento enncinane ndiya kubagxota ebu-
sweni bako, ude ucume, ulifuye ilizwe.
31 Ndandiya kubeka imida yako kwa se-
lwandhle olubomvu kude kube selwandhle
lwama-Filistiya, nasenklango kude kube
kuwo umlambo : ngokuba abemi belozwe
ndiya kubanikela esandhleni sako, uze uba-
gxote ebusweni bako. 32 Akuyi kwenza
ucebano kunye nabo, nakunye notixo babo.
33 Abayi kuhlala elizweni lako, hleze ba-
kwenze wone kumi : ukuba uyakonza otixo
babo, kwoba ngumgibe kuwe ngemnyaniso.

24 WAZA wati ku-Mosesi : Nyukela
KUYEHOVA, wena no-Arone, u-Nadabi
no-Abihu, namashumi asixenxe kubadala
bo-Sirayeli ; nize nibedeshe nikude. 2 Ma-
kasondele u-Mosesi yedwa KUYEHOVA ;
bona kanti mabangasondeli ; nabantu ma-
bangenyuki naye.
3 Weza u-Mosesi wabalisela abantu onke
amazwi KAYEHOVA, nazo zonke izigwebo :
baza bapendula bonke abantu ngelizwi
linye, bati : Onke amazwi awatetileyo
UYEHOVA siya kuwenza.
4 Waye u-Mosesi wabàla onke amazwi
KAYEHOVA, wavuka kwa kusasa, waka isibi-
ngelo ezantsi kwentaba, neshumi elinambi-
ni lentsika *zamatye*, njengezilishumi lina-
zibini izizwe zo-Sirayeli. 5 Watuma ama-
dodana aselusatsheni luka-Sirayeli, awani-
kelayo amadini okutshiswa, abingela UYE-
HOVA nemibingo yoxolo ngenkatyana.
6 Waza u-Mosesi watabata *esinye* isiqingata
segazi, walibeka ezityeni ; n*esinye* isiqi-
ngata segazi, walitshiza pezu kwesibingelo.
7 Watabata nemcwadi yocebano, wale-
sesha ezindhlebeni zabantu ; abati : Konke
akutetileyo UYEHOVA siya kukwenza, sive
nokuva. 8 Waza u-Mosesi watabata igazi
elo, walitshiza pezu kwabantu, wati : Nali
igazi locebano UYEHOVA alwenzileyo nani
ngawo onke lamazwi.
9 Bandula benyuka u-Mosesi no-Arone,
u-Nadabi no-Abihu, namashumi asixenxe
kubadala bo-Sirayeli. 10 Baye bebona UTIXO
wo-Sirayeli : nangapantsi kwenyawo zake
*beku*njengesetyenzwa lesafire ebengeze-
layo, nanjengesibili sezulu ngokukazimla.
11 Koko engolulanga isandhla sake nga-
kuwo amaduna osapo luka-Sirayeli ; kodwa
abona UTIXO, adhla asela nokusela.
12 Waza UYEHOVA wati ku-Mosesi : Nyu-
kela kumi entabeni, ube kona apo ; nda
ndiya kukunika amacwecwe amatye, nom-



University of Fort Hare

teto, nemiyalelo endiyibàlileyo, ukuba
bafundiswe. 13 Wesuka ke u-Mosesi, no-
Yoshuwa umkonzi wake; waza u-Mosesi
wenyukela entabeni KATIXO. 14 Wayesiti
kubadala: Silindeni apa, side sibuye size
kuni: kanjalo naba u-Arone no-Hure be-
nani; osukuba enendawo yokumangalela,
makasondele kubo.
15 Waza u-Mosesi wenyukela entabeni,
lati ilifu lagubungela intaba. 16 Kanjalo
ubungewalisa BUKAYEHOVA bahlala pezu
kwentaba ye-Sinai, nelifu layigubungela
intsuku zantandatu; waza ngolwesixenxe
usuku wambiza u-Mosesi kwa pakati kwe-
lifu. 17 (Kekaloku ukubonakala kwo-
bungewalisa BUKAYEHOVA kwakunjengom-
lilo odhlayo, engcotsheni yentaba, eme-
hlweni osapo luka-Sirayeli.) 18 Wasuka
u-Mosesi wangena pakati kwelifu, wenyu-
kela entabeni: waye u-Mosesi wasentabeni
immini zamashumi mane nobusuku bama-
shumi mane.

25 WAZA UYEHOVA wateta ku-Mosesi
esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli,
ukuba lunditabatele umnikelo: kubo bonke
abantu abankliziyo zibaqùbayo, niya ku-
wamkela umnikelo wami. 3 Nguwo lo
umnikelo eniya kuwamkela kubo: igolide,
nesilivere, neXina, 4 nezulura, nesimnya-
ma, nesibomvu, neqiya eshiceneyo, no-
*boya* bebokwe, 5 nezintsu zenkunzi zegu-
sha zenziwe bomvu, nezintsu zamacelesi,
nemiti yeshitime; 6 ioli, ibe yeyesikanyiso;
izimnandi, zibe zezeoli yokutambisa, ne-
zesiqumiso esimnandi; 7 amatye esho-
hame, namatye okufakwa, aweyefodi na-
wembeka.
8 Kanjalo mabandenzele indawo eyin-
gcwele, ndize ndihlale pakati kwabo. 9
Njengako konke ndikubonisa kona, *njenga-
wo* umfanekiselo wetabanakele, nomfane-
kiselo wazo zonke impahla zayo, niya ku-
yenza kwa ngokunjalo.
10 Babeya kuyenza ityeya ngemiti
yeshitime: yoba zikubite zibe 'mbini nesi-
qingata *sekubite* ubude bayo, nekubite ibe
'nnye nesiqingata *sekubite* ububanzi bayo,
nekubite ibe 'nnye nesiqingata *sekubite* ubu-
pakamo bayo. 11 Wauya kuyaleka nge-
golide ecocekileyo, ngapakati nangapandhle
uya kuyaleka; uze wenze pezu kwayo isi-
tsaba segolide ngento engqongayo. 12
Woyityityishela yona imisesane yegolide
ibe mine, uyibeke emagumbini ayo omane,
ize ibeko imisesane mibini ngelinye icala
layo, nemisesane ekwa mibini ngelinye icala
layo. 13 Wauya kuzenza izibonda ngemiti
yeshitime, uzaleke ngegolide. 14 Nezibonda
ezo uya kuzingenisa kuyo imisesane ese-
macaleni etyeya, ize ityeya itwalwe ngazo.
15 Zoba semisesaneni yetyeya ezozibonda;
aziyi kususwa kuyo. 16 Wauya kubeka
etyeyeni isinqìno endiya kusinika kuwe.
17 Kanjalo uya kusenza isihlalo sofefe
ngegolide ecocekileyo: soba zikubite zibe
'mbini nesiqingata *sekubite* ubude baso,
nekubite ibe 'nnye nesiqingata *sekubite*
ububanzi baso. 18 Uya kuzenza nekeru-
bime zibe 'mbini ngegolide; ngesetyenzwa
elikandelweyo uya kuzenza, zipuma ezin-
ncameni zombini zesihlalo sofefe. 19 Ye-
nza ikerubime ennye enncameni yakweli
icala, nekerubime ennye enncameni ya-
kweliya icala; zipuma kuso isihlalo sofefe
uya kuzenza ikerubime, ezinncameni zaso
zombini. 20 Zoti ikerubime zitwabulule
amapiko omabini ngapezulu, zisigubungela
ngamapiko azo isihlalo sofefe; nobuso
bazo obennye *bobekana* nobennye; boba
ngakuso isihlalo sofefe ubuso bekerubime.
21 Nesihlalo sofefe uya kusibeka pezulu
pezu kwetyeya; nakuyo ityeya uya kubeka
isinqìno endiya kusinika kuwe. 22 Nda-
ndiya kuhlangana nawe kona apo, nditete
nawe ndipezu kwaso isihlalo sofefe, kwa
pakati kwazo ikerubime zombini ezingape-
zu kwetyeya yesinqìno, ngako konke endo-
kuyalezela kona elusatsheni luka-Sirayeli.
23 Kanjalo uya kuyenza itafile ngemiti
yeshitime: yoba zikubite zibe 'mbini u-
bude bayo, nekubite ibe 'nnye ububanzi
bayo, nekubite ibe 'nnye nesiqingata *seku-
bite* ubupakamo bayo. 24 Wauya kuyale-
ka ngegolide ecocekileyo; uze uyenzele
isitsaba segolide ngento engqongayo. 25
Uya kuyenzela nodini, lungangobubanzi
besandhla, ngento engqongayo; uze wenzele
udini lwayo isitsaba segolide ngento engqo-
ngayo. 26 Wauya kuyenzela yona imise-
sane yegolide ibe mine, uyibeke imise-
sane emagumbini omane asezinnyaweni
zayo zonne. 27 Yoba malungana nodini
imisesane leyo, ibe zindawo zezibonda
zokuba kutwalwe itafile. 28 Izibonda
ezo uya kuzenza ngemiti yeshitime, uzaleke
ngegolide, ize itafile itwalwe ngazo. 29 Wa-
uya kwenza izikotile zayo, nezitya zayo, ne-
bekile zayo, nendebe zayo, ekuya kugalelwa
ngazo; uya kuzenza ngegolide ecocekileyo.



University of Fort Hare

30 Napezu kwetafile leyo uya kubeka izo-
nka zokubonakala ebusweni bami ngama-
xesha onke.
31 Kanjalo uya kuyenza ikandelare
ngegolide ecocekileyo: ngesetyenzwa eli-
kandelweyo iya kwenziwa lekandelare;
isikondo sayo, nexokama layo, indetyana
zayo, izikandana zayo, nentyatyambo zayo,
zoba zezakuyo. 32 Imbaxa ezintandatu
ziya kupuma emacaleni ayo; *kwopuma*
imbaxa ezintatu zekandelare kwelinye
icala layo, nembaxa ezintatu zekandelare
kwelinye icala layo. 33 Indetyana ezin-
tatu zifanisiwe nezamonde zoba kwennye
imbaxa, *kwa n*esikandana nentyatyambo;
nendetyana ezintatu zifanisiwe nezamonde
zoba nakwennye imbaxa, *kwa n*esikandana
nentyatyambo; zoba kwa njalo imbaxa
zontandatu ezipuma ekandelareni. 34 Na-
kuyo ikandelare *kwobako* indetyana ezin-
ne zifanisiwe nezamonde, *kunye* nezika-
ndana zazo, nentyatyambo zazo. 35 *Kwo-
bako esinye* isikandana ngapantsi kwezim-
bini imbaxa zakuyo, *nesinye* isikandana
ngapantsi kwezimbini imbaxa zakuyo,
*nesinye* isikandana ngapantsi kwezimbini
imbaxa zakuyo, njengazo imbaxa zontanda-
tu ezipuma ekandelareni. 36 Izikandana
zazo nembaxa zazo zoba zezakuyo: loba
linye isetyenzwa elikandelweyo legolide
ecocekileyo lipela. 37 Wauya kuyenzela
izibane zibe 'sixenxe; zaziya kumiswa izi-
bane zayo, zize zikanyise ngapambi kwayo.
38 Izicimo zayo, nezipatelo zayo, zoba yi-
golide ecocekileyo. 39 Iya kwenziwa
yona ngetalente yegolide ecocekileyo,
kunye nazo zonke ezimpahla. 40 Uze
ulumke ukuba uzenze ngomfanekiselo
wazo, obuwuboniswa entabeni.

26 Kanjako itabanakele uya kuyenza
ngeshumi lezikuselo zepotiweyo iqiya
eshiceneyo, nezulura, nesimnyama, nesi-
bomvu; uya kuzenza zinekerubime, nge-
setyenzwa lengcibi yokuluka. 2 Ubude
baso isikuselo sinye boba zikubite zimashu-
mi mabini anesibozo, nobubanzi baso isi-
kuselo sinye boba zikubite zinne; zonke
ezikuselo zoba nomlinganiswa 'mnye.
3 *Esinye* isihlanu sezikuselo sobandaka-
nyiswa esinye kwesinye; *nesinye* isihlanu
sezikuselo sobandakanyiswa esinye kwe-
sinye. 4 Wauya kwenza amasango ezulu-
ra ngasempetweni wesinye isikuselo, nga-
sengcameni, esibandakanyelweni; uya
kwenje njalo nasempetweni wapandhle we-
sikuselo, ekubandakanyweni kwesesibini.
5 Wowenza amasango abe ngamashumi
mahlanu kwesinye isikuselo, namasango
akwa ngamashumi mahlanu uya kuwenza
engcameni yesikuselo esisekubandakanywe-
ni kwesesibini: lamasango olungelelana
elinye nelinye. 6 Wowenza namakonxo
egolide abe ngamashumi mahlanu, uze
ubandakanyise izikuselo, esinye kwesinye,
ngamakonxo lawo, ize ibe yitabanakele
innye.
7 Kanjalo uya kuzenza izikuselo *ngoboya*
bebokwe, zibe yintente pezu kwayo itaba-
nakele: zizikuselo ezilishumi linasinye
oya kuzenza. 8 Ubude baso isikuselo si-
nye boba zikubite zimashumi matatu, no-
bubanzi baso isikuselo sinye boba zikubite
zinne: ezizikuselo zolishumi linasinye
zoba nomlinganiswa 'mnye. 9 Wauya
kubandakanyisa izikuselo ezihlanu zizo-
dwa, nezikuselo ezitandatu zizodwa nazo;
nesesitandatu isikuselo wosipindisa ngase-
busweni betabanakele. 10 Wowenza na-
masango abe ngamashumi mahlanu nga-
sempetweni wesinye isikuselo, wesanga-
pandhle ekubandakanyweni, namasango
akwa ngamashumi mahlanu ngasempe-
tweni wesikuselo esibandakanyana nesesi-
bini. 11 Wowenza namakonxo exina abe
ngamashumi mahlanu, uze ungenise ama-
konxo lawo emasangweni, uyibandakanyise
intente, ibe innye. 12 Neliva eliseleyo
ezikuselweni zentente, isiqingata sesiku-
selo esiseleyo siya kulembelela pezu kwe-
lasemva icala letabanakele. 13 Yikubite
ngelinye *icala*, nekubite kwa ngelinye,
kokuseleyo ebudeni bezikuselo zentente,
eya kulembelela pezu kwamacala ayo ita-
banakele, ngelinye *icala* nangelinye, ize
igujungelwe.
14 Kanjalo woyenzela intente isigu-
bungelo ngezintsu zenkunzi zegusha zenzi-
we bomvu, nesigubungelo *esinye* ngapezulu
ngezintsu zamacelesi.
15 Kanjako woyenzela itabanakele ipla-
nke ngemiti yeshitime, zipakama. 16 Bo-
ba zikubite zilishumi ubude beplanke
'*nnye*, nobubanzi bayo iplanke 'nnye yoba
yikubite nesiqingata sekubite. 17 Iplanke
'nnye yoba nezibambelo zizibini, zicwa-
ngcisiwe esinye silunge nesinye: uya
kwenje njalo kuzo zonke iplanke zetabana-
kele. 18 Wauya kuyenzela itabanakele
iplanke, zibe 'mashumi mabini iplanke
kwelasesuyide icala ngasesuyide. 19 Wo-



University of Fort Hare
Together in Excellence

zenza neziseko zesilivere zingamashumi
mane ngapantsi kwazo iplanke zomashumi
mabini ; zibe ziziseko ezibini ngapantsi
kwennye iplanke kuzo izibambelo zayo
zozibini, neziseko ezibini ngapantsi kwen-
nye iplanke kuzo izibambelo zayo zozibini.
20 Nakwelesibini icala letabanakele, kwe-
lasenode icala, kwobako iplanke zimashumi
mabini : 21 kwa neziseko zazo zesilivere
ezimashumi mane ; iziseko ezibini zinga-
pantsi kwennye iplanke, neziseko ezibini
zingapantsi kwennye iplanke. 22 Necala
lasemva letabanakele ngasentshonalanga
wolenzela iplanke zibe 'ntandatu. 23 Ne-
planke ezimbini uya kuzenzela amagumbi
etabanakele, ecaleni lasemva. 24 Zaziya
kuhlanganiswa kunye ezantsi, kanjalo zo-
hlanganiswa kunye napezulu, kuwo umse-
sane umnye : kwoba njalo ke kuzo zombini ;
zoba zezamagumbi omabini. 25 Zoba zipla-
nke zisibozo, neziseko zazo zesilivere *zoba*
ziziseko ezilishumi linesitandatu ; iziseko
ezibini zingapantsi kwennye iplanke, nezi-
seko ezibini zingapantsi kwennye iplanke.
26 Kanjako uya kuyenza imivalo nge-
miti yeshitime ; ibe mihlanu eziplankeni
zelinye icala letabanakele, 27 nemihlanu
imivalo eziplankeni zelinye icala letabana-
kele, nemihlanu imivalo eziplankeni ze-
cala letabanakele, zecala lasemva ngasen-
tshonalanga. 28 Nowapakati umvalo
pakati kwazo iplanke, wona wodhluliswa
kwa kwennye inncame kude kube kwennye
inncame. 29 Neplanke ezo uya kuzaleka
ngegolide, nemisesane yazo uya kuyenza
ngegolide *ibe* zindawo zemivalo : kanjako
uya kuyaleka imivalo ngegolide.
30 Wauya kupakamisa itabanakele nje-
ngesimilo sayo obusiboniswa entabeni.
31 Kanjalo uya kulenza ikuselo ngezu-
lura, nesimnyama, nesibomvu, nepotiweyo
iqiya eshiceneyo ; liya kwenziwa ngese-
tyenzwa lenncibi yokuluka, linekerubime.
32 Wauya kulixòma pezu kwentsika zibe
'nne *zemiti* yeshitime, zalekiwe ngegolide ;
amagwegwe azo oba ngawegolide ; *zibi*
pezu kweziseko zesilivere zine. 33 Wo-
lixòma ikuselo ezantsi kwamakonxo, uze
ungenise kona pakati kwekuselo ityeya ye-
sinqìno ; elokuselo lonahlukanisela pakati
kweyingcwele *indawo* neyingcwele yezi-
ngcwele. 34 Wauya kubeka isihlalo so-
fefe pezu kwetyeya yesinqìno, kweyin-
gcwele yezingcwele. 35 Itafile woyimi-
sa ibe ngapandhle kwekuselo, nekandelare
ibe malungana netafile ecaleni letabana-
kele ngasesuyide ; kodwa itafile woyibeka
ecaleni lasenode.
36 Kanjalo uya kwenzela ucango lwen-
tente ilengalenga, ngezulura, nesimnya-
ma, nesibomvu, nepotiweyo iqiya eshice-
neyo, isetyenzwa lomtungi wamabala nga-
mabala. 37 Ilengalenga elo wolenzela
intsika zibe 'nklanu *ngemiti* yeshitime,
uzaleke ngegolide ; amagwegwe azo oba
ngawegolide ; wauya kuzityityishela izi-
seko zexina zibe zihlanu.
27 Kanjako uya kusenza isibingelo nge-
miti yeshitime, sizikubite ezinklanu
ubude baso, nekubite ezinklanu ububanzi
baso ; soba namacala mane isibingelo eso ;
nobupakamo baso soba zikubite ezintatu.
2 Impondo zaso uya kuzenza pezu kwama-
gumbi aso omane ; zopuma kwa kuso impo-
ndo zaso ; wauya kusaleka ngexina. 3 Uya
kuzenza nembiza zaso zokususa ututu
lwaso, nezikotululo zaso, nezitya zaso zoku-
fefela, neforoke zaso, nezipatamlilo zaso :
zonke impahla zaso uya kuzenza ngexina.
4 Wauya kusenzela iziko lesetyenzwa
elilinqwanqwa ngexina ; napezu kwalo
inqwanqwa elo uya kuyenza imisesane e-
mine yexina emancameni alo omane. 5 Uze
ulibeke ngapantsi kwesazinge sesibi-
ngelo ngasezantsi, ukuba inqwanqwa li-
fikele kwa pakati kwesibingelo. 6 Uya
kwenzela isibingelo nezibonda, izibonda
zemiti yeshitime, uzaleke ngexina. 7 Ziya
kungeniswa izibonda zaso kuyo imisesane,
ukuze izibonda ezo zibe semacaleni oma-
bini esibingelo sakutwalwa. 8 Siliholo
ngeplanke uya kwenza sona : njengokuba
ububoniswa entabeni, baya kwenje njalo.
9 Kanjako wolenza ibala letabanakele :
ngecala lasesuyide ngasesuyide, ibala loba
namalengalenga epotiweyo iqiya eshicene-
yo ; boba zikubite ezilikulu ubude becala
linye. 10 Intsika zalo ezimashumi mabini,
neziseko zazo ezimashumi mabini, zoba ze-
zexina ; amagwegwe entsika nentonga zazo
zoba zezesilivere. 11 Kwa njalo ngecala
lasenode, ebudeni, amalengalenga oba
*zikubite* ezilikulu ubude bawo ; intsika zalo
ezimashumi mabini, neziseko zazo ezima-
shumi mabini, zoba zezexina ; amagwegwe
entsika nentonga zazo zoba zezesilivere.
12 Nasebubanzini bebala, ngecala litshona
ilanga, oba ngamalengalenga akubite zinga-
mashumi mahlanu ; intsika zawo zilishu-
mi, neziseko zazo zikwa lishumi. 13 Kwa



University of Fort Hare

njalo ububanzi bebala, ngecala lipuma
ilanga ngasempumalanga, boba zikubite
zingamashumi mahlanu. 14 Amalenga-
lenga elinye icala *lesango* oba zikubite zili-
shumi linesihlanu; intsika zawo zintatu,
neziseko zazo zikwa zitatu. 15 Nange-
linye icala amalengalenga oba *zikubite* zili-
shumi linesihlanu; intsika zawo zintatu,
neziseko zazo zikwa zitatu. 16 Nesango
lebala lona loba nelengalenga elikubite zi-
ngamashumi mabini, lezulura, nesimnyama,
nesibomvu, nepotiweyo iqiya eshiceneyo,
isetyenzwa lomtungi wamabala ngamabala;
intsika zawo zinne, nezizeko zazo zikwa
zine. 17 Zonke intsika ezingqongayo ibala
zobandakanyiswa *ngentonga* zesilivere: a-
magwegwe azo oba ngawesilivere, kodwa
iziseko zazo zoba zezexina. 18 Ubude be-
bala boba zikubite ezilikulu, nobubanzi
boba zezingamashumi mahlanu indawo
zonke, nobupakamo boba zikubite ezinklanu
zepotiweyo iqiya eshiceneyo; kodwa iziseko
zazo zoba zezexina. 19 Zonke impahla
zetabanakele kuyo yonke inkonzo yayo,
kwa zonke izikonkwane zayo, nazo zonke
izikonkwane zebala, zoba zezexina.

20 Kanjalo wena uya kuyalela usapo
luka-Sirayeli, ukuba luyizise kuwe ioli
engewengileyo yamanqunna anqushiweyo
ibe yeyesikanyiso, kuze kumiswe izi-
bane ngamaxesha onke. 21 Kuyo inte-
nte yenklangano, ngapandhle kwekuselo,
elipambi kwesinqino, baya kulungisa sona
u-Arone nonyana bake, kwa sekuhlweni
kude kuse, ebusweni BUKAYEHOVA: woba
ngummiselwa ongunapakade kwizizuku-
lwana zabo, ngennxa yosapo luka-Sirayeli.

28 UZE usondeze kuwe u-Arone umku-
luwe wako, nonyana bako kunye naye,
pakati kwalo usapo luka-Sirayeli, ukuba
andikonze ngobuperisite; kwa u-Arone, u-
Nadabi no-Abihu, u-Elezari no-Yitamare,
onyana baka-Arone. 2 Wauya kumenzela
u-Arone, umkuluwe wako, izivato ezi-
ngcwele, zibe zezobungcwalisa nezobuhle.
3 Kanjalo uya kuteta kubo bonke abalu-
mkileyo ngenkliziyo, abo ndiwuzalisile um-
moya wabo ngobulumko, ukuba bazenze
izivato zika-Arone ukumngcwalisa, aze
andikonze ngobuperisite. 4 Zizo ezi izi-
vato baya kuzenza: yimbeka, neyefodi,
nengubo, nehempe epetiweyo, umkontsho
noqwemesha; izivato ezingcwele bozenzela
u-Arone, umkuluwe wako, nonyana bake,
ukuze andikonze ngobuperisite. 5 Bota-
bata igolide, nezulura, nesimnyama, nesi-
bomvu, neqiya eshiceneyo.

6 Babeya kuyenza iyefodi ngegolide,
ngezulura nesimnyama, ngesibomvu nepo-
tiweyo iqiya eshiceneyo, ngesetyenzwa
lemncibi yokuluka. 7 Yoba nezibini izi-
ziba zamagxalaba, zibandakanyiwe ema-
ncameni ayo omabini; *yowenzwa njalo* ke
ukubandakanyiswa. 8 Nombinqo ocikizi-
weyo weyefodi yake, opezu kwayo, woba
yinto yakuyo, njengesetyenzwa layo; nge-
golide, ngezulura, nesimnyama, nesibomvu,
nepotiweyo iqiya eshiceneyo. 9 Wauya
kutabata amatye eshobame emabini, uwa-
qingqe pezu kwawo amagama onyana baka-
Sirayeli; 10 abe matandatu amagama
abo pezu kwelinye ilitye, namagama ama-
tandatu aseleyo pezu kwelinye ilitye, nje-
ngokuzalwa kwabo. 11 Ngesetyenzwa
lomqingqi wamatye, *njeng*eziqingqwa zaso
isincamatiselo, wowaqingqa lamatye oma-
bini, enamagama onyana baka-Sirayeli:
uya kuwenza evingcelwe ezigingqini ze-
golide. 12 Woti lamatye omabini uwa-
beke pezu kwezamagxalaba iziziba zeye-
fodi, abe ngamatye okukumbuza elusatsheni
luka-Sirayeli; waye u-Arone eya kutwala
amagama abo ebusweni BUKAYEHOVA, pezu
kwawo amagxalaba ake omabini, abe yin-
kumbuzo. 13 Wauya kuzenza izigingqi
zegolide; 14 nemixokolelwane emibini ye-
golide ecocekileyo; ijijanisiwe uya ku-
yenza, *njeng*esetyenzwa elitsontelweyo; na-
lemixokolelwane etsontelweyo woyikonxa
kuzo izigingqi.

15 Kanjako uya kuyenza imbeka yo-
kugweba ngesetyenzwa lemncibi yoku-
luka; njengesetyenzwa leyefodi uya ku-
yenza; ngegolide, ngezulura, nesimnyama,
nesibomvu, nepotiweyo iqiya eshiceneyo,
uya kuyenza yona. 16 Yoba namacala
mane, ipindiwe; yoba sisoluko sesandhla
ubude bayo, nesoluko sesandhla ububanzi
bayo. 17 Wauya kufaka kuyo imfakwa
zamatye, kwa inrozo zinne zamatye: olunye
urozo lwoba yirubi, *ne*topaze, nekabunu-
kele: lulo olu urozo lwokuqala. 18 Olwe-
sibini urozo lwoba yisamagide, *n*esafire, ne-
yahalome. 19 Olwesitatu urozo lwoba yiya-
sinte, *n*eyagate, neyametisite. 20 Olwesine
urozo lwoba yikrusolite, nesadonutse, nejasi-
pidi oqiniswa ngegolide ezimfakweni zawo.
21 Amatye la oba njengamagama onyana
baka-Sirayeli, elishumi linamabini, njenga-



University of Fort Hare
Together in Excellence

klangano, ubahlambe ngamanzi. 5 Wau-
ya kutabata izivato, wambatise u-Arone
ihempe, nengubo yaseyefodini, neyefodi,
nembeka; uze umbinqise umbinqo ocikizi-
weyo weyefodi. 6 Kanjalo uya kubeka u-
nkontsho enkloko yake, nekrone engcwele
uya kuyibeka pezu kwalo unkontsho.
7 Wandule utabate ioli yokutambisa, uyi-
galele pezu kwenkloko yake, umtambise.
8 Nonyana bake uya kubasondeza, uba-
vatise ihempe. 9 Uya kubabinqisa imi-
binqo, kwa u-Arone nonyana bake, uyibope
kubo iminqwazi; baze babe nabo ubuperi-
site ngommiselwa ongunapakade: wauya
kuzalisa isandhla sika-Arone nesandhla
sonyana bake.
10 Uze uyisondeze inkunzana ngapa-
mbi kwentente yenklangano; bati u-Arone
nonyana bake balalise izandhla zabo pezu
kwenkloko yenkunzana. 11 Wandule uyi-
xèle inkunzana pambi KWOYEHOVA, ngaselu-
cangweni lwentente yenklangano. 12 Uze
ucapule egazini lenkunzana, ulibeke ezim-
pondweni zesibingelo ngomnwe wako;
nalo lonke *elinye* igazi uya kuligalela nga-
sesekweni lesibingelo. 13 Wauya kutabata
lonke inqata eligubungela umbilini, nenda-
wo ezizengezelayo pezu kwesibindi, ne-
zintso zombini, nenqata elipezu kwazo, uzi-
tshise esibingelweni. 14 Kodwa inyama
yenkunzana, nesikumba sayo, nomswane
wayo, uya kuzitshisa ngomlilo ngapandhle
kwomnquba: lidini lesono yona.
15 Kanjalo uya kutabata emnye inkunzi
yegusha; boti ke u-Arone nonyana bake
balalise izandhla zabo pezu kwenkloko
yenkunzi yegusha. 16 Wandule uyixèle
inkunzi yegusha, ulitabate igazi layo, uli-
sasaze pezu kwesibingelo ngento engqo-
ngayo. 17 Lenkunzi yegusha uya kuyi-
canda ezitweni zayo, uhlambe umbilini
wayo, nentungo zayo, uzibeke pezu kwe-
zito zayo napezu kwenkloko yayo. 18 Uze
uyitshise inkunzi yegusha ipela pezu kwe-
sibingelo: lidini lokutshiswa yona KUYE-
HOVA; livumba elimnandi, umnikelo owe-
nziwa ngomlilo KUYEHOVA.
19 Wobuya uyitabate eyesibini inkunzi
yegusha; boti ke u-Arone nonyana bake
balalise izandhla zabo pezu kwenkloko yen-
kunzi yegusha. 20 Wandule uyixèle inku-
nzi yegusha, ucapule egazini layo, ulibeke
pezu kwesitinzi seyokunene indhlebe ka-A-
rone, napezu kwesitinzi seyokunene indhle-
be yonyana bake, napezu kwesitupa sesoku-
nene isandhla sabo, napezu kwobontsi wo-
lwokunene unyawo lwabo, ulisasaze igazi
pezu kwesibingelo ngento engqongayo.
21 Uze ucapule kulo igazi elipezu kwesi-
bingelo, nakuyo ioli yokutambisa, uti fefo
pezu kwo-Arone, napezu kwezivato zake,
napezu kwonyana bake, napezu kwezivato
zonyana bake kunye naye; aze enzwe
ngcwele yena, nezivato zake, nonyana ba-
ke, nezivato zonyana bake kunye naye.
22 Wauya kutabata kuyo inkunzi yegusha
inqata nomsila, nenqata eligubungela umbi-
lini, nendawo ezizengezelayo zesibindi,
nezintso zombini, nenqata elipezu kwazo,
nowokunene umkono; ngokuba yona yin-
kunzi yegusha yedini lokuzalisa: 23 kwa
nesimba linye lesonka, nesonkana sinye
sesonka esineoli, nesonkanyana sinye si-
vela esityeni sezonka ezingenagwele, esi-
pambi KWOYEHOVA: 24 uze uzibeke zonke
ezandhleni zika-Arone, nasezandhleni zo-
nyana bake; uti kanjalo uzishukushukumi-
se zibe ngumnikelo wokushukushukunyi-
swa pambi KWOYEHOVA. 25 Wandule uzita-
bate ezandhleni zabo, uzitshise esibingelwe-
ni, pezu kwedini lokutshiswa, zibe livumba
elimnandi pambi KWOYEHOVA: ngumnikelo
owenziwa ngomlilo KUYEHOVA. 26 Kanjalo
uya kutabata isifuba senkunzi yegusha ye-
dini lokuzalisa elilelika-Arone, usishuku-
shukumise sibe ngumnikelo wokushuku-
shukunyiswa pambi KWOYEHOVA: soba sisa-
belwa sako sona. 27 Wauya kungcwalisa
isifuba somnikelo wokushukushukunyi-
swa, nomkono womnikelo wokufunqufu-
nqulwa, oko kushukushukunyiswayo, noko
kufunqufunqulwayo, kwinkunzi yegusha
yedini lokuzalisa, kwa kokukokuka-Arone,
nakokukokwonyana bake: 28 kwoba ke-
kuka-Arone nokwonyana bake ngommise-
lwa ongunapakade, kuvela elusatsheni lu-
ka-Sirayeli; ngokuba ngumnikelo woku-
funqufunqulwa: woba ngumnikelo woku
funqufunqulwa uvela elusatsheni luka-
Sirayeli, kwimibingo yoxolo yalo, kwa
ngumnikelo wokufunqufunqulwa walo KU-
YEHOVA.
29 Nengubo ezingcwele ezizezika-Arone
zona ziya kuba zezonyana bake emva
kwake, ukuba kutanjiswe kuzo, nokuba ku-
zaliswe izandhla zabo kuzo. 30 Wozambata
imihla ibe 'sixenxe *ongumperisite* esiku-
ndhleni sake konyana bake, lowo ongenayo
ententeni yenklangano ukuya kukonza
kweyingcwele *indawo.*



University of Fort Hare
Together in Excellence

31 Nenkunzi yegusha yedini lokuzalisa
woyitabata, uyipeke innyama yayo enda-
weni eyingcwele. 32 Boti ke u-Arone no-
nyana bake badhle innyama yenkunzi ye-
gusha, nesonka esisesityeni, ngaseluca-
ngweni lwentente yenklangano. 33 Babeya
kuzidhla ezozinto kube kuxoliswa ngazo,
ukuba kuzaliswe izandhla zabo, *n*okuba
bangcwaliswe; kodwa owasemzini akayi
kuzidhla, ngokuba zingcwele. 34 Kanjalo
ukuba kuya kusala into yennyama yedini
lokuzalisa, nento yesonka, kude kuse, uya
kwandula usitshise isisalela ngomlilo; asi-
yi kudhliwa, ngokuba singcwele.

35 Uya kwenje njalo ke ku-Arone, na-
konyana bake, kwa njengoko ndikuyalele
ngako: kwoba yimihla isixenxe uya kuza-
lisa izandhla zabo. 36 Wauya kunikela
imihla ngemihla inkunzana yedini lesono,
ngenmxa yokuxolisa; uya kusihlanza isibi-
ngelo ngokusixolisela kwako; wositambisa
kanjalo, ukuba singcwaliswe. 37 Kwoba
yimihla isixenxe uya kuxolisela isibingelo,
usingcwalise; soba sisibingelo esingcwe-
lekazi: konke okucukumisayo isibingelo
kwoba kungcwele.

38 Kuko oku uya kunikela ngako pezu
kwaso isibingelo: imvana zomnyaka 'mnye
zibe 'mbini, imihla ngemihla futi. 39 En-
nye imvana woyinikela ngokusa;- neyesi-
bini imvana woyinikela pakati kwokuhlwa.
40 Nakunye nennye imvana *uya kunikela*
eseshumi isiqingata *seyefa* yomgubo ocole-
kileyo, unyeliwe ngeoli enqushelweyo
esisiqingata sesine sehine, nomnikelo wo-
kusela usisiqingata sesine sehine yeveyine.
41 Neyesibini imvana woyinikela pakati
kwokuhlwa; wauya kwenzela yona nje-
ngomnikelo wokudhla wokusa, nanjengom-
nikelo wokusela wawo, libe livumba eli-
mnandi, kwa umnikelo owenziwa ngomlilo
KUYEHOVA. 42 Loba lelifuti idini loku-
tshiswa ngezizukulwana zenu, elucangweni
lwentente yenklangano, pambi KWOYEHOVA:
apo ndiya kuhlangana nani kona, ukuba
nditetе kuni kona. 43 Kwa lapo ndohla-
ngana nosapo luka-Sirayeli, ize yenziwe
'ngcwele ngobungcwalisa bami. 44 Nda-
ndiya kungcwalisa intente yenklangano,
nesibingelo; kanjalo u-Arone nonyana bake
ndiya kubangcwalisa, ukuba bandikonze
ngobuperisite. 45 Ndandiya kuhlala pa-
kati kwosapo luka-Sirayeli, ndize ndibe
NGUTIXO walo. 46 Luya kwandula lukwazi
okokuba ndiNGUYEHOVA, UTIXO walo, oluku-
pileyo elizweni le-Jipete, ukuba ndihlale pa-
kati kwalo: mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO walo.

30 KANJAKO uya kusenza isibingelo
sokuqunyiselwa kwesiqumiso; uya
kusenza ngemiti yeshitime. 2 Soba yiku-
bite 'nnye ubude baso, nekubite 'nnye u-
bubanzi baso; soba namacala mane; nobu-
pakamo baso soba zikubite zimbini: zopuma
kwa kuso impondo zaso. 3 Wauya kusa-
leka ngegolide ecocekileyo, ingcopo yaso
namacala aso ngento engqongayo, kwa
nempondo zaso; uya kusenzela nesitsaba
segolide ngento engqongayo. 4 Kanjalo
uya kusenzela imisesane mibini yegolide
ngapantsi kwesitsaba saso, emagumbini
aso omabini; uya kuyenza pezu kwamacala
aso omabini: yoba zindawo zezibonda zoku-
ba sitwalwe ngazo. 5 Izibonda *zaso* uya ku-
zenza ngemiti yeshitime, uze uzaleke nge-
golide. 6 Wauya kusibeka pambi kweku-
selo elingakuyo ityeya yesinqino, pambi
kwesihlalo sofefe esipezu kwesinqino,
apo ndiya kuhlangana nawe kona. 7 Woti
u-Arone aqumise pezu kwaso isiqumiso
esimnandi; imiso ngemiso, akulungisa izi-
bane, uya kusiqumisa. 8 Naxeshekweni
u-Arone aya kumisa izibane pakati kwo-
kuhlwa, wosiqumisa, sibe sisiqumiso esi-
futi pambi KWOYEHOVA ngezizukulwana
zenu. 9 Aniyi kunikela pezu kwaso isi-
qumiso esisimbi, nedini lokutshiswa,
nomnikelo wokutya; aniyi kugalela pezu
kwaso umnikelo wokusela kanjalo. 10 Waye
u-Arone eya kulwenza uxoliso pezu kwem-
pondo zaso kube kanye emnyakeni 'mnye,
ngegazi ledini lesono lokuxolisa; kwoba
kanye emnyakeni 'mnye aya kulwenza
uxoliso pezu kwaso ngezizukulwana zenu:
yingcwelekazi ke KUYEHOVA.

11 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti:, 12 Xeshekweni utabatayo inani la-
balusapo luka-Sirayeli ngokubalwa kwabo,
baya kwandula banike abanye ngabanye
isizi semipefumlo yabo kuye UYEHOVA, uxa
ubabalayo; ukuze kungabiko pakati kwabo
isibulalo, uxa ubabalayo. 13 Oku boku-
nika, bonke abagqitela kwababalweyo,
isiqingata seshekele, engangayo ishekele
yeyingcwele *indawo*; (zigera ezimashumi
mabini ishekele leyo;) isiqingata seshekele
soba ngumnikelo KUYEHOVA. 14 Bonke
abagqitela kwababalweyo, bengabaminyaka
ingamashumi mabini nabapezulu, ubudala
babo, bonika umnikelo KUYEHOVA. 15 Osi-



University of Fort Hare

tyebi akayi kwandisa, nolihlwempu aliyi
kuncipisa isiqingata seshekele, ukunika
umnikelo KUYEHOVA, ukuba kwenzelwe
imipefumlo yenu uxoliso. 16 Wauya ku-
tabata imali yokuxolisa kulo usapo luka-
Sirayeli, uyinike ngennxa yenkonzo yen-
tente yenklangano; ukuze ibe yinku-
mbuzo elusatsheni luka-Sirayeli pambi
KWOYEHOVA, ukuba kwenzelwe imipefumlo
yenu uxoliso.

17 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 18 Uya kwenza nesihlambelo nge-
xina, nesikondo saso ngexina kanjalo, ku-
ze kuhlanjwe: wauya kusibeka pakati
kwentente yenklangano nesibingelo, uwa-
fake kona amanzi. 19 Ngokuba u-Arone
nonyana bake beya kuhlamba kwa kuso
izandhla zabo nenyawo zabo: 20 xeshe-
kweni bangena ententeni yenklangano, baya
kuhlamba ngamanzi, ukuba bangafi: naxe-
shekweni basondela esibingelweni uku-
konza, ukuza kutshisa umnikelo owenziwa
ngomlilo KUYEHOVA; 21 baya kwandula
bahlambe izandhla zabo nenyawo zabo,
ukuba bangafi: oku kwoba ngummiselwa
ongunapakade kubo, kwa kuye nakwinzalo
yake ngezizukulwana zabo.

22 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 23 Uzitabatele wena izimnandi
ezidumileyo, imore engcwengileyo ibe
*zishekele* zimakulu mahlanu, nekinamone
emnandi ibe sisiqingata selonani, kwa *ishe-
kele* zimakulu mabini anamashumi mahlanu,
nekalame emnandi ibe *zishekele* zimakulu
mabini anamashumi mahlanu, 24 nekasiya
ibe *zishekele* zimakulu mahlanu, ezingangayo
ishekele yeyingcwele *indawo*, neoli yama-
nquma ibe yihine 'nnye; 25 uze wenze
ngazo ioli yesitambiso esingcwele, ama-
futa amnandi amanyiweyo ngobuncibi bom-
enzi wezinukamnandi: yoba yioli yesi-
tambiso esingcwele. 26 Wauya kuti
ngayo utambise intente yenklangano, ne-
tyeya yesinqìno; 27 netafile, nazo zonke
impahla zayo; nekandelare, nempahla za-
yo; nesibingelo sokuqumisa; 28 nesi-
bingelo sedini lokutshiswa, nazo zonke
impahla zaso; nesihlambelo, nesikondo
saso. 29 Wauya kuzingcwalisa, ukuze
zibe yingcwelekazi: konke okuzicukumi-
sayo kwoba kungcwele. 30 Kanjalo u-
Arone nonyana bake uya kubatambisa,
ubangcwalise bona ukuba bandikonze ngo-
buperisite. 31 Nakulo usapo luka-Sirayeli
uya kuteta ngokuti: Le yoba yioli yesi-
tambiso esingcwele kumi ngezizukulwana
zenu. 32 Ayiyi kugalelwa pezu kwen-
nyama yomntu; kanjako aniyi kuyenza
efana nayo, ngokulinganiswa kwayo:
ingcwele yona, yoba ngcwele kuni. 33 Osu-
kuba eyimanya efana nayo, nosukuba ebe-
ka kuyo pezu kwowasemzini, yena uya
kunqanyulwa ebantwini bake.

34 Wati UYEHOVA kanjako ku-Mosesi:
Zitabatele izimnandi, isitakite, neyonika,
negabano, *ezi*zimnandi nenklakamhlope
engcwengileyo: ennye yolingana nennye.
35 Wauya kwenza ngazo isiqumiso, into
emanyiweyo ngobuncibi bomenzi wezinu-
kamnandi, imvumvuzelwe ngetyuwa,
icocekile, ingcwele. 36 Woti innxennye
yaso uyityumze icoleke, ubeke kuyo pambi
kwesinqìno ententeni yenklangano, apo
ndiya kuhlangana nawe kona: yoba yin-
gcwelekazi kuni. 37 Nesisiqumiso oya
kusenza, aniyi kuzenzela nina ngokulinga-
niswa kwaso: soba yingcwele kuwe ngen-
nxa KAYEHOVA. 38 Osukuba eya kusenza
esifana naso, ukuze sisezelwe, lowo uya
kunqanyulwa ebantwini bake.

31 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Uyabona ke, sendimbizile
ngegama u-Betsalele, unyana ka-Uri, u-
nyana ka-Hure, owesizwe sika-Juda. 3 Ye-
na ndimzalisile ngomoya KATIXO, ngobulu-
mko, nangengqondo, nangokwazi, nangen-
klobo zonke zomsebenzi; 4 ukuze aqinge
amasetyenzwa obuncibi, enzo ngegolide,
nangesilivere, nangexina, 5 nangokuqi-
ngqa amatye, okuba kufakwe, nangokuqi-
ngqa imiti, yokuba kwenziwe ngenklobo
zonke zomsebenzi. 6 Kanjalo mina, bona ke,
ndinikile kunye naye u-Aholiyabi, unyana
ka-Ahisamaki, owesizwe sika-Dane; nase-
zinkliziyweni zabo bonke abankliziyo zilu-
mkile ndibekile ubulumko, ukuba bakwenze
konke endikuyalele ngako: 7 intente yen-
klangano, netyeya yesinqìno, nesihlalo so-
fefe esipezu kwayo, nazo zonke impahla
zentente; 8 netafile, nempahla zayo; ne-
kandelare ecocekileyo, nazo zonke impahla
zayo; nesibingelo sokuqumisa; 9 nesibi-
ngelo sedini lokutshiswa, nazo zonke im-
pahla zaso; nesihlambelo, nesikondo saso;
10 nezivato zobukonzo; kwa izivato ezi-
ngcwele zika-Arone umperisite, nezivato
zonyana bake, zokuba kukonzwe ngobupe-
risite; 11 neoli yokutambisa; nesiqumiso
esimnandi sakweyingcwele *indawo*: njenga-
ko konke ndikuyalele ngako baya kwenza.



University of Fort Hare

12 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 13 Wena kanjalo teta nosapo luka-
Sirayeli, usiti: Okwennene isabata zami
niya kuzigcina; ngokuba oku kungum-
qondiso pakati kwami nani ngezizuku-
lwana zenu; kuze kwaziwe ukuba ndi-
NGUYEHOVA oningcwalisayo. 14 Ngako
niya kugcina isabata; ngokuba ingcwele
kuni: oyincolisayo uya kufiswa ngennya-
niso; ngokuba osukuba ewenza ngayo
umsebenzi, umpefumlo lowo uya kunqa-
nyulwa ebantwini bawo. 15 Yimihla
mitandatu ekuya kwenziwa umsebenzi;
koko ngomhla wesixenxe kuko isabata yo-
pumlo, ibungcwele KUYEHOVA: osukuba
ewenza umsebenzi ngomhla wesabata,
uya kufiswa ngennyaniso. 16 Ngako usa-
po luka-Sirayeli lwoyigcina isabata, uku-
yibamba isabata ngezizukulwana zalo ngo-
cebano olungunapakade. 17 Ingumqondiso
yona pakati kwami nosapo luka-Sirayeli
kude kube ngunapakade; ngokuba nge-
mihla mitandatu wenza UYEHOVA izulu
nomhlaba, waza wapumla ngomhla we-
sixenxe, womelezwa.

18 Wandula wanika ku-Mosesi, akuba
egqibile ukuteta naye entabeni ye-Sinai,
amabini amacwecwe esinqìno, amacwecwe
amatye, ebàlelwe ngomnwe KATIXO.

32 KEKALOKU abantu bakubona uku-
ba u-Mosesi uyalibala ukuhla enta-
beni, baza abantu bahlanganisana ngaku-
Arone, bati kuye: Suka, usenzele otixo,
abaya kuhamba pambi kwetu; ngokuba u-
Mosesi lowo, londoda eyasinyusayo ezweni
le-Jipete, singamazi ukuba uhliwe yinto ni-
na. 2 Wati u-Arone kubo: Kumlani ama-
cici egolide asezindhlebeni zabafazi benu,
nakwezonyana benu, nakwezentombi zenu,
niwazise kumi. 3 Baza bonke abantu bawa-
kumla amacici egolide abesezindhlebeni
zabo, bawazisa ku-Arone. 4 Wayamkela ke
esandhleni sabo, wayiyila ngento yokuqoqa,
wayenza itole elityityishiweyo. Baza bati:
Aba bangotixo bako, Sirayeli! abakunyusi-
leyo ezweni le-Jipete. 5 Wati u-Arone aku-
libona, waka isibingelo ebusweni balo;
waza wadanduluka u-Arone, wati: Ngomso
kuya kubako umtendeleko KUYEHOVA.
6 Baza bavuka kusasa ngomnye umhla,
banikela amadini okutshiswa, basondeza
neminikelo yoxolo: bahlala pantsi ke
abantu badhle basele nokusela, bandula
ukusuka badhlale.

7 Wada wateta UYEHOVA ku-Mosesi, ngo-
kuti: Hamba, uhle; ngokuba abantu bako,
abo ububanyusa elizweni le-Jipete, sebezo-
nakalisile: 8 bapambukile kamsinya en-
dhleleni endibe ndibayalele yona; baze-
nzele itole elityityishiweyo, bazitobile
pambi kwalo, balibingele, bati: Aba ba-
ngotixo bako, Sirayeli! abakunyusileyo
ezweni le-Jipete. 9 Wati kanjako UYEHO-
VA ku-Mosesi: Ndibabonile abantu aba;
kekaloku, bona ke, bangabantu abantamo
ilukuni. 10 Ngako kaloku ndiyeke, uze
umsindo wami uvute ngakubo, ndide ndi-
bagqibele: ndandiya kwenza wena ube si-
sizwe esikulu.

11 Kodwa u-Mosesi wambongoza UYE-
HOVA, UTIXO wake, wati: Kunganina, YE-
HOVA! ukuba kuvute umsindo wako nga-
sebantwini bako, obakupileyo ezweni le-
Jipete, ngamandhla amakulu, nangesa-
ndhla esomeleleyo? 12 Kunganina ukuba
ama-Jipete atsho ukuti: Kungennxa yo-
bubi abakupileyo, ukuba ababulale ezinta-
beni, nokuba abagqibele ebusweni bomhla-
ba? Buya ebushushwini bengqumbo yako,
ube nosizi pezu kwobububi ngakubo aba-
ntu bako. 13 Kumbula ngo-Abrahame,
ngo-Yisake, nango-Sirayeli, izicaka zako,
owabubafungela ngokwako, wateta kubo
*ngokuti:* Ndiya kwandisa inzalo yenu ibe
njengenkwenkwezi zezulu, nalo lonke eli-
lizwe enditetile ngalo, ndolinika kwinzalo
yenu, ize ilidhle ilifa *lalo* kude kube ngu-
napakade. 14 Waza wanosizi UYEHOVA
pezu kwobububi wabete uya kubenza eba-
ntwini bake.

15 Wajika u-Mosesi wehla entabeni,
enawo amacwecwe amabini esinqìno esa-
ndhleni sake; bekubàliwe emacwecweni
ngamacala omabini; kwabàlwa kuwo nge-
linye icala nangelinye. 16 Lamacwecwe
ebengumsebenzi KATIXO, nokubàla kwaku-
kubàla KUKATIXO, kuqoqiwe emacwecweni.
17 Xeshekweni u-Yoshuwa weva ingxoko-
zelo yabantu ekumemezeni kwabo, wati
ku-Mosesi: Kuko ingxokozelo yokulwa
emnqubeni. 18 Koko wati: Asi lilo ilizwi
lesidanduluko sokweyisa, asi lilo nelizwi
lesikalo sokucitwa; lilizwi lokucula endi-
livayo mina. 19 Kwaza kwati, akusondela
emnqubeni, wabona itole elo, nokududa;
yandul' ukuvuta ingqumbo ka-Mosesi, owa-
lahla amacwecwe ezandhleni zake, wawaqe-
keza ezantsi kwentaba. 20 Watabata ne-
tole ababelenzile, walitshisa emlilweni,



University of Fort Hare

walisila lada lacoleka, walivutululela emanzini, waza waseza usapo luka-Sirayeli *kuwo.*
21 Wandula wati u-Mosesi ku-Arone: Benze 'nto nina kuwe abantu aba, ukuba uzisile pezu kwabo isono esikulu kangaka?
22 Wati ke u-Arone: Maingavuti ingqumbo yenkosi yami! uyabazi ababantu wena, ukuba *banxamele* inkohlakalo. 23 Baye besiti kumi: Senzele otixo, abaya kuhamba pambi kwetu; ngokuba u-Mosesi lowo, londoda eyasinyusayo ezweni le-Jipete, singamazi ukuba uhliwe yinto nina. 24 Ndaza ndati kubo: Osukuba enegolide, makayikumle, ayinike kumi; yona ndayiposa emlilweni, kwada kwapuma itole eli.
25 Wati u-Mosesi akubona abantu ukuba bahlubulukile, (ngokuba u-Arone ebebahlubisile babe nehlazo pakati kwabasukelayo.) 26 wandula wema u-Mosesi esangweni lomnquba, wati: Olunge KUYEHOVA, *makeze* kumi! Baye bebutelana ngakuye bonke abalusapo luka-Levi. 27 Waza wati kubo: Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Abanye ngabanye mabafake izirele zabo ngasematangeni abo, badhlule, babuye kwelinye isango baye kwelinye isango lomnquba, basike omnye umzalwana wake, nomnye umhlobo wake, nomnye ummelwane wake. 28 Lwaye usapo luka-Levi lwenza ngelizwi lika-Mosesi; kwawa ke ebantwini, ngalommini, ngati angamawaka matatu amadoda. 29 Ngokuba u-Mosesi ebesiti: Zalisani izandhla zenu KUYEHOVA namhla; ngokuba umntu eya kuba ngakuye unyana wake, nangakuye umzalwana wake; ukuze namkeliswe namhla itamsanqa.
30 Kwaye kute ngomnye umhla, wati u-Mosesi ebantwini: Nina nonile ngesono esikulu; kodwa kaloku ndonyukela KUYEHOVA, kungati umhlaumbi ndiya kwenzela isono senu uxoliso. 31 Waza u-Mosesi wabuyela KUYEHOVA, wati: Au! ababantu bonile ngesono esikulu, bazenzele otixo begolide. 32 Nakaloku, ukuba uya kubaxolela isono sabo—; ukuba kodwa akungebe njalo, uze undicime encwadini yako oyibàlileyo. 33 Wandula UYEHOVA wati ku-Mosesi: Lowo osukuba onile ngakumi, nguye endiya kumcima encwadini yami. 34 Kodwa hamba kaloku, ukokele abantu kulo*ndawo* endanditeta ngayo kuwe: bona ke, ingelosi yami iya kuhamba pambi kwako; koko ngemmini yokubuza kwami ndiya kusohlwayela isono sabo pezu kwabo.
35 Waza UYEHOVA wabeta abantu, ngenxa yokuba bebelenzile itole, elo walenzayo u-Arone.

33 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi, *wati:* Hamba, unyuke kwa lapa, wena nabantu abo ubanyusileyo ezweni le-Jipete, niye ezweni endandifunga ngalo ku-Abrahame, ku-Yisake, naku-Yakobi, ndisiti: Kwinzalo yako ndiya kulipa: 2 ndandiya kutuma pambi kwako ingelosi, ndigxote nokugxota aba-Kanane, naba-Amori, nama-Hete, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi: 3 kwa sezweni elela ubisi nobusi: ngokuba ndingayi kunyuka pakati kwako mina, ngennxa yokuba ungabantu abantamo ilukuni; hleze ndikugqibele endhleleni.
4 Baza abantu bakuva elilizwi libi, balila; kwaye kungabiko namntu owafaka izihombo zake kuye. 5 Ngokuba UYEHOVA ebete ku-Mosesi: Yiti elusatsheni luka-Sirayeli: Nina uingabantu abantamo ilukuni; ngepanyazo linye bendinganyukelayo pakati kwako, ndikugqibele; kodwa kaloku, zitule izihombo zako kwa kuwe, ndize ndazi ke ukuba ndiya kukwenzela 'nto nina. 6 Lwaza usapo luka-Sirayeli lwazihluba izihombo zalo ngasentabeni ye-Horebe.
7 Waye u-Mosesi watabata intente, wazolulela *yona* ngapandhle kwomnquba, kwa kude nomnquba, wayibiza ngokuti yintente yenklangano. Kwaza kwati, bonke ababefuna UYEHOVA bapuma baya ententeni yenklangano, ebingapandhle kwomnquba. 8 Kwaza kwati, xeshekweni u-Mosesi wapumayo ukuya ententeni, besuka bonke abantu, bema abanye ngabanye eminyango yentente zabo, bakangela ngaku-Mosesi wada wangena ententeni.
9 Kwaza kwati, nxa angenileyo u-Mosesi ententeni, yehla intsika yelifu, yema emnyango wentente: waza *u-Yehova* wateta no-Mosesi. 10 Bati bonke abantu bakubona intsika yelifu imi emnyango wentente, bandula besuka bonke abantu, batoba pantsi, abanye ngabanye eminyango yentente zabo. 11 Waza UYEHOVA wateta ku-Mosesi ubuso bungakubo ubuso, njengokuba umntu eteta nomhlobo wake. Wada wabuyela emnquheni; kodwa umkonzi wake u-Yoshuwa, unyana ka-Nune, isicaka, waengasukanga ententeni yena.
12 Wandula wati u-Mosesi KUYEHOVA:



University of Fort Hare
Together in Excellence

Uya bona ke, uti wena kumi: Nyusa aba-
bantu! kanti akundazisanga oyena uya
kumtuma nami; nangona ubusiti: Ndi-
yakwazi wena ngegama; nakanjalo: Ufu-
mene ufefe emehlweni ami. 13 Ngako
kaloku, ukuba ke ndifumene ufefe eme-
hlweni ako, zundazise indhlela yako, uku-
ba ndikwazi wena, ndize udifumane ufefe
emehlweni ako; kanjalo gqala ukuba
singabantu bako esisizwe. 14 Wayesiti:
Isiqu sami siya kuhamba *nawe*, ndandiya
kukunika ukupumla. 15 Waza wati kuye:
Ukuba isiqu sako asihambi *nami*, zungasi-
nyusi kule*ndawo*. 16 Ngokuba kuya kwa-
ziwa nganto nina kaloku, ukuba ndifumene
ufefe emehlweni ako, mina nabantu bako?
asi ngako na ukuhamba kwako nati? kukona
siya kwahlulwa, kwa mina nabantu bako,
kubo bonke abantu abapezu kwobuso bom-
hlaba.

17 Waza UYEHOVA wati ku-Mosesi: Kwa
nalento uyitetileyo ndiya kuyenza; ngoko-
kuba ufumene ufefe emehlweni ami, noku-
ba ndikwazi ngegama. 18 Wayesiti: Uz'
undibonise ubungcwalisa bako. 19 Waza
wati: Ndiya kudhlulisa konke ukulunga
kwami pambi kwako, ndishumayele nega-
ma LIKAYEHOVA ebusweni bako; ndandiya
kumpata ngofefe lowo endiya kumpata
ngofefe, ndoba netaru napezu kwalowo
endiya kuba netaru ngakuye. 20 Wati
kanjalo: Akungebone ubuso bami; ngo-
kuba kungeko 'mntu oya kundibona, apile
nokupila. 21 Walekela wati UYEHOVA:
Nantsi ke indawo ingakumi; uya kuma
kona pezu kwelityekazi. 22 Kwoza kuti,
ekudhluleni kwobungcwalisa bami, ndoku-
beka emfanteni welityekazi, ndize ndiku-
gubungele ngesandhla sami uxa ndidhlu-
layo. 23 Ndandiya kususa isandhla sami,
uze ubone umva wami; kodwa ubuso bami
abuyi kubonwa.

34 WANDULA UYEHOVA wati ku-Mosesi:
Zibazele amacwecwe amatye abe ma-
bini enjengawokuqala; ndandiya kubàla
pezu kwalamacwecwe amazwi abesema-
cwecweni okuqala, owauwaqekezile. 2 Yi-
ba selulungile kwakusa, uze unyukele
kusasa entabeni ye-Sinai, uzimise pambi
kwami kona, engcopo yentaba. 3 Kanti
akuyi kunyuka 'mntu nawe; kanjalo ma-
kungabonwa 'mntu kuyo yonke intaba;
kwa negusha nenkomo mazingadhli pambi
kwentaba leyo.

4 Wasuka wabaza amabini amacwecwe
amatye enjengawokuqala; waza wavuka
u-Mosesi kwa kusasa, wenyukela entabeni
ye-Sinai, njengokuba ebemyalele UYE-
HOVA; watabata esandhleni sake amacwe-
cwe amatye omabini. 5 Wayo UYE-
HOVA esihla efini, wema naye kona, wa-
shumayela igama LIKAYEHOVA. 6 Waza
wadhlula UYEHOVA pambi kwake, washu-
mayela *ngokuti:* UYEHOVA, UYEHOVA ENGU-
TIXO, enetaru, enofefe, equmba kade, emku-
lu ngobubele nennyaniso; 7 ogcinela
amawaka ububele, oxolela inkohlakalo, ne-
sigqito, nesono, ongayi kuka agwebele *one-
tyala;* eyohlwayela inkohlakalo yoyise pezu
kwabantwana, napezu kwabantwana ba-
bantwana, pezu kwesesitatu napezu kwese-
sine *isizukulwana*. 8 Wanxama ke u-Mose-
si, watoba pantsi ngasemhlabeni, wabede-
sha. 9 Wati: Ukuba kaloku ndifumene
ufefe emehlweni ako, NKOSI! maize ihambe
INKOSI pakati kwetu; nakuba bengabantu
abantamo ilukuni aba; uze uxolele inko-
hlakalo yetu nesono setu, usamkele tina
sibe lilifa lako.

10 Waza wati: Bona ke, sendilwenza
ucebano: pambi kwabo bonke abantu bako
ndoyenza imimangaliso, ekungazanga ku-
dalwe enjalo kuwo wonke umhlaba, naku-
zo zonke izizwe; boti bonke abantu opa-
kati kwabo babone umsebenzi KAYEHOVA;
ngokuba iyinto eyoyikekayo leyo endiya
kuyenza kuwe. 11 Gcina wena oko ndi-
kuyalela kona namhla nje: bona ke, ndiza
kugxota ebusweni bako aba-Amori, naba-
Kanane, nama-Hete, nama-Perizi, nama-
Hivi, nama-Yebusi. 12 Zilumkele, ukuba
ungalwenzi ucebano nabemi belozwe uya
kulo, hleze lube ngumgibe pakati kwako.
13 Koko izibingelo zabo niya kuzicita, ne-
zifanekiso zabo niya kuziqekeza, ne-Ashera
zabo niya kuzigaula: 14 (ngokuba ungayi
kubedesha utixo wumbi; ngokuba UYEHOVA,
ngu-Bukwele igama lake, NGUTIXO enobu-
kwele yena:) 15 hleze ulwenze ucebano
nabemi belizwe, uti bakurexezela otixo
babo, babingele nokubingela otixo babo,
ati *omnye* akumeme, wandule utye kumbi-
ngo wake; 16 uti kanjalo utabatele onya-
na bako kwintombi zabo, ziti intombi za-
bo, zakurexezela otixo babo, zenze nonya-
na bako barexezele otixo babo. 17 Akuyi
kuzenzela otixo abatyityishiweyo.

18 Umtendeleko wezonka ezingenagwe-
le uya kuwugcina: yoba yimihla isixenxe



University of Fort Hare

uya kuzidhla izonka ezingenagwele, nje-
ngokuba bendikuyalela, ngelimisiweyo ixe-
sha lennyanga engu-Abibe; ngokuba ngen-
nyanga engu-Abibe wabupuma e-Jipete.
19 Konke kuzityulwa ngako kukokwami;
kwa zonke inkomo zako ezizalwa zingama-
duna, amazibulo enkomo ezinkulu nezin-
ncinane. 20 Kodwa izibulo leqwarashe
uya kukulula lona ngexwana; ukuba ka-
nti akuyi kulikulula, uze ulapule intamo.
Bonke abangamazibulo onyana bako uya
kubakulula. Mabangabonakali pambi kwa-
mi bengenanto.

21 Yimihla mitandatu uya kusebenza,
kodwa ngomhla wesixenxe uya kupumla:
ngexesha lokulima nangexesha lokuvuna
uya kupumla.

22 Kanjalo umtendeleko weveki uya ku-
wenza, owolibo lwokuvunwa kwennqolo-
wa, kwa nomtendeleko wokubuta ngase-
kupeleni kwomnyaka.

23 Kwoba ngamaxesha matatu emnya-
keni 'mnye ekuya kubonakala onke ama-
doda ako ebusweni BENKOSI UYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli. 24 Ngokuba ndiya kugqo-
gqa inklanga pambi kwako, ndiyenze banzi
nemida yako: kanjako aliyi kunqwenelwa
'mntu ilizwe lako, nxa unyukayo ukuya
kubonakala ebusweni BUKAYEHOVA, UTIXO
wako, amaxesha matatu emnyakeni 'mnye.

25 Akuyi kunikela igazi lombingo wa-
mi kunye nokubiliswayo; kanjalo akuyi
kuhlala kude kuse umbingo womtendeleko
wepasika. 26 Isiqalo selibo zomhlaba
wako uya kusingenisa endhlwini KAYEHOVA,
UTIXO wako.

Musa ukupeka itakane lebokwe elubisini
lwonina.

27 Waza wati UYEHOVA ku-Mosesi: Bàla
wena lamazwi; ngokuba kwa njengokutsho
kwalamazwi ndilwenzile ucebano nawe no-
Sirayeli. 28 Wayeko kona ndawonye NO-
YEHOVA immini zamashumi mane nobusuku
bakwa mashumi mane; isònka akasidhla,
namanzi akawasela: wandula wabàla pezu
kwamacwecwe amazwi ocebano, amazwi
olishumi.

29 Kwaza kwati, akuhla u-Mosesi enta-
beni ye-Sinai, amacwecwe omabini esinqì-
no esesandhleni sika-Mosesi, ekuhleni kwa-
ke entabeni, waengazi u-Mosesi ukuba
inklonze yobuso bake ibikazimla akuteta
naye. 30 Wati u-Arone, nalo lonke usapo
luka-Sirayeli, bakubona u-Mosesi, bona ke,
inklonze yobuso bake yakazimla; ngako
babesoyika ukusondela kuye. 31 Waza
u-Mosesi wababiza; wasuka u-Arone, nazo
zonke inkosi zenklanganiso, babuya beza
kuye; waye u-Mosesi wateta nabo. 32
Kwati kamva kwasondela lonke usapo lu-
ka-Sirayeli: waza waluyalela ngako konke
UYEHOVA wabekutetile kuye entabeni ye-
Sinai. 33 Wati u-Mosesi akuba egqibile
ukuteta nabo, wabeka pezu kwobuso bake
isigubungelo. 34 Kodwa nxa u-Mosesi
wangenayo ebusweni BUKAYEHOVA ukuya
kuteta naye, wandula wasusa isigubungelo
wada wapuma: wati akuba epumile, wate-
ta nosapo luka-Sirayeli oko wayeyalelwa
kona. 35 Lwandula usapo luka-Sirayeli
lwabona ubuso buka-Mosesi, ukuba inklo-
nze yobuso buka-Mosesi iyakazimla: waza
u-Mosesi wabuya wabeka isigubungelo
pezu kwobuso bake, wada wangena ukuya
kuteta naye.

35 WAZA u-Mosesi wahlanganisa yonke
inklanganiso yosapo luka-Sirayeli,
wati kulo: Ngala amazwi ayalele ngawo
UYEHOVA, ukuba niwenze. 2 Yimihla mi-
tandatu ekuya kwenziwa umsebenzi, ko-
dwa ngomhla wesixenxe kuya kubako kuni
owobungcwele, isabata yopumlo KUYE
HOVA: osukuba ewenza umsebenzi ngawo,
uya kufiswa. 3 Aniyi kupemba 'mlilo
kuzo zonke izindhlu zenu ngomhla wesa-
bata.

4 Wayeteta u-Mosesi kuyo yonke in-
klanganiso yosapo luka-Sirayeli, esiti: Lilo
eli ilizwi UYEHOVA ayalele ngalo, ukuti:
5 Tabatani kokukuni umnikelo KUYEHOVA;
osukuba enenkliziyo evumayo, makawu-
zise, umnikelo KAYEHOVA: igolide, nesili-
vere, nexina, 6 nezulura, nesimnyama,
nesibomvu, neqiya eshiceneyo, n*oboya* be-
bokwe, 7 nezintsu zenkunzi zegusha zen-
ziwe bomvu, nezintsu zamacelesi, nemiti
yeshitime, 8 neoli ibe yeyesikanyiso,
nezimnandi zibe zezeoli yokutambisa neze-
siqumiso esimnandi, 9 namatye eshohame,
namatye okufakwa, aweyefodi nawembeka.
10 Babeya kuza bonke abankliziyo zilumki-
le pakati kwenu, benze konke ayalele nga-
ko UYEHOVA: 11 itabanakele, intente yayo,
nesigubungelo sayo, amakonxo ayo, nepla-
nke zayo, imivalo yayo, intsika zayo, nezi-
seko zayo; 12 ityeya, nezibonda zayo, isi-
hlalo sofefe, nekuselo lelengalenga; 13
itafile, nezibonda zayo, nazo zonke impa-
hla zayo, nezonka zokubonakala; 14 neka-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ndelare yesikanyiso, nempahla zayo, nezi-
bane zayo, neoli yesikanyiso; 15 nesibingelo
sesiqumiso, nezibonda zaso, neoli yokuta-
mbisa, nesiqumiso esimnandi; nelengalenga
locango emnyango wetabanakele; 16 isibi-
ngelo samadini okutshiswa, neziko lexina
esiya kuba nalo, izibonda zaso, nazo zonke
impahla zaso; isihlambelo, nesikondo saso;
17 amalengalenga ebala, intsika zalo, ne-
ziseko zazo; nelengalenga lesango lebala;
18 izikonkwane zetabanakele, neziko-
nkwane zebala, nentambo zazo; 19 izivato
zobukonzo, zokuba kukonzwe kweyin-
gcwele *indawo*, izivato ezingcwele zika-
Arone umperisite, nezivato zonyana bake,
zokuba bakonze ngobuperisite.
20 Yandula yapuma yonke inklanganiso
yosapo luka-Sirayeli ebusweni buka-Mo-
sesi. 21 Baye besiza bonke ngabanye
abankliziyo ibavusileyo, nabo bonke aba-
mmoya wabaqûbayo, bazisa umnikelo KA-
YEHOVA ngennxa yomsebenzi wentente
yenklangano, nangennxa yenkonzo yayo,
nangennxa yezivato ezingcwele. 22 Baye
besiza, kwa amadoda nabafazi, bonke aba-
nenkliziyo evumayo, bazisa izacolo, nama-
cici, nemisesane, nezidanga, zizinto zego-
lide zonke; nabo bonke abanikela umnike-
lo wegolide KUYEHOVA. 23 Kanjalo bonke
abantu bekufunyanwa kubo izulura, nesi-
mnyama, nesibomvu, neqiya eshiceneyo,
n*oboya* bebokwe, nezintsu zenkunzi zegu-
sha zenziwe bomvu, nezintsu zamacelesi,
bazizisa. 24 Bonke abanikela umnikelo
wesilivere nowexina, bawuzisa umnikelo
KAYEHOVA; nabo bonke bekufunyanwa
kubo imiti yeshitime, ngennxa yomnye
umsebenzi wenkonzo, bayizisa. 25 Nabo
bonke abafazi, abankliziyo ilumkileyo, ba-
sonta ngezandhla zabo; baza bazisa oku-
sontiweyo, okwezulura nesimnyama, okwe-
sibomvu neqiya eshiceneyo. 26 Nabo
bonke abafazi abankliziyo yabavusayo ebu-
lumkweni, basonta *uboya* bebokwe. 27
Nenkosi zazisa zona amatye eshohame,
namatye okufakwa, aweyefodi nawembe-
ka; 28 nezimnandi, nezeoli yokutambisa,
nezesiqumiso esimnandi, neoli yesi-
kanyiso. 29 Lwazisa lonke usapo
luka-Sirayeli umnikelo wesisa KUYEHOVA,
onke amadoda nabo *bonke* abafazi, abankli-
ziyo ibaqûbayo ukuzisela yonke imisebe-
nzi, abeyalele UYEHOVA ukuba yenziwe
ngesandhla sika-Mosesi.
30 Waza u-Mosesi wati elusatsheni luka-
Sirayeli: Niyabona ke, UYEHOVA umbizile
ngegama u-Betsalele, unyana ka-Uri,
unyana ka-Hure, owesizwe sika-Juda. 31
Yena umzalisile ngomoya KATIXO, ngobulu-
mko, nangengqondo, nangokwazi, nangen-
klobo zonke zomsebenzi; 32 ukuze aqi-
nge amasetyenzwa obuncibi, enze ngego-
lide, nangesilivere, nangexina, 33 nango-
kuqingqa amatye, okuba kufakwe, nango-
kuqingqa imiti, yokuba kwenziwe ngemi-
sebenzi yonke yobuncibi. 34 Kanjalo
ubekile enkliziyweni yake ukuba afundise
*abanye*, *kwe*yake na*kweka*-Aholiyabi, u-
nyana ka-Ahisamaki, owesizwe sika-Dane.
35 Aba ubazalisile ngobulumko benklizi-
yo, ukuze kwenziwe yonke imisebenzi,
eyomqingqi, neyenncibi yokuluka, neyom-
tungi wamabala ngamabala, ngezulura,
nangesimnyama, nangesibomvu, nangeqiya
eshiceneyo, neyomluki, neyabenzi bemise-
benzi yonke, neyabaqingi bamasetyenzwa
obuncibi.

36 BAZA basebenza u-Betsalele no-Aho-
liyabi, nawo onke amadoda anenkli-
ziyo elumkileyo, abete UYEHOVA wanika
ubulumko nengqondo kuwo, ukuba akwazi
ukwenza yonke imisebenzi yenkonzo ye-
yingcwele *indawo*, njengako konke UYE-
HOVA abeyalele kona. 2 Ngokuba u-Mo-
sesi ebebizile u-Betsalele no-Aholiyabi, na-
wo onke amadoda anenkliziyo elumkileyo,
abebekile UYEHOVA ubulumko ezinklizi-
yweni zawo, kwa bonke abankliziyo yaba-
vusayo ukusondela emsebenzini, ukuza ku-
wenza: 3 abawamkela ku-Mosesi wonke
umnikelo, usapo luka-Sirayeli beluwuzi-
sile ngennxa yomsebenzi wenkonzo ye-
yingcwele *indawo*, ukuba wenziwe. Koko
babesazisa kuye iminikelo yesisa ngemiso
ngemiso. 4 Kweza ngoko onke amalumko
abesenza wonke umsebenzi weyingcwele
*indawo*, evela amanye ngamanye emsebe-
nzini wawo awenzayo, 5 atsho ku-Mo-
sesi, esiti: Abantu bayazisa ngokuninzi
pezu kwokuyaneleyo inkonzo yomsebenzi,
lowo UYEHOVA ayalele ngawo ukuba wenzi-
we. 6 Waza waxela u-Mosesi, ukuba ma-
kudhluliswe ilizwi emnqubeni, lisiti: Ndo-
da nomfazi mabangabi sawenza umsebenzi
ngennxa yomnikelo weyingcwele *indawo*!
Kwa njalo abantu bayeka ukuzisa. 7 Ngo-
kuba impahla ibibanele ngennxa yawo
wonke umsebenzi, ukuba bawenze; ibiye-
gqitisayo kanjalo.



University of Fort Hare

8 Baza bonke abankliziyo ilumkileyo
pakati kwabo bawenzayo umsebenzi be-
nzela itabanakele izikuselo zalishumi nge-
potiweyo iqiya eshiceneyo, nezulura, nesi-
mnyama, nesibomvu: wayezenza zineke-
rubime, ngesetyenzwa lenncibi yokuluka.
9 Ubude baso isikuselo sinye babuzikubite
ezimashumi mabini anesibozo, nobubanzi
baso isikuselo sinye babuzikubite ezinne:
zonke izikuselo ezi zazinomlinganiswa
'mnye. 10 *Esinye* isihlanu sezikuselo wa-
bandakanyisa esinye kwesinye; *nesinye* isi-
hlanu sezikuselo wabandakanyisa esinye
kwesinye. 11 Wenza namasango ezulura
ngasempetweni wesinye isikuselo, nga-
senncameni, esibandakanyelweni; wenje
njalo nasempetweni wapandhle wesikuselo,
ekubandakanyweni kwesesibini. 12 Waye-
senza amasango amashumi mahlanu kwe-
sinye isikuselo, namasango akwa mashumi
mahlanu wawenza enncameni yesikuselo
esisekubandakanyweni kwesesibini: lama-
sango alungelelana elinye nelinye. 13 We-
nza namakonxo egolide amashumi mahlanu,
wabandakanyisa izikuselo, esinye kwe-
sinye, ngamakonxo lawo; yaza yaba yita-
banakele innye.

14 Wayesenza izikuselo *ngoboya* bebokwe,
zibe yintente pezu kwayo itabanakele:
zazizikuselo ezilishumi linasinye waze-
nzayo. 15 Ubude baso isikuselo sinye
babuzikubite ezimashumi matatu, nobu-
banzi baso isikuselo sinye babuzikubite
ezinne: ezizikuselo zilishumi linasinye
zazinomlinganiswa 'mnye. 16 Wayeba-
ndakanyisa izikuselo zazihlanu zizodwa,
nezikuselo zazitandatu zizodwa nazo.
17 Wenza namasango amashumi mahlanu
ngasempetweni wesikuselo, wesapandhle
ekubandakanyweni, namasango akwa nga-
mashumi mahlanu wawenza ngasempe-
tweni wesikuselo esibandakanyana nese-
sibini. 18 Wawenza namakonxo exina
amashumi mahlanu, okuba kubandaka-
nyiswe intente, ize ibe innye.

19 Kanjalo wayenzela intente isigubu-
ngelo ngezintsu zenkunzi zegusha zenziwe
bomvu, nesigubungelo *esinye* ngezintsu
zamacelesi pezu kwaso *eso*.

20 Waza wayenzela itabanakele iplanke
ngemiti yeshitime, zipakama. 21 Zaziku-
bite ezilishumi ubude beplanke *'nnye*, no-
bubanzi bayo iplanke 'nnye yayikubite
nesiqingata sekubite. 22 Iplanke 'nnye
ibinezibambelo zazibini, ziewangeisiwe
esinye silunge nesinye; wenje njalo kuzo
zonke iplanke zetabanakele. 23 Wayenzela
itabanakele iplanke, zazimashumi mabini
iplanke kwelasesuyide icala, ngasesuyide:
24 neziseko zesilivere ezimashumi mane
wazenza ngapantsi kwazo iplanke zoma-
shumi mabini; zazibini iziseko ngapantsi
kwennye iplanke kuzo izibambelo zayo
zozibini, nezibini iziseko ngapantsi kwen-
nye iplanke kuzo izibambelo zayo zozibini.
25 Nakwelesibini icala letabanakele, kwe-
lasenode icala, wazenza iplanke zamashumi
mabini; 26 neziseko zazo zesilivere ezi-
mashumi mane; zazibini iziseko ngapantsi
kwennye iplanke, nezibini iziseko nga-
pantsi kwennye iplanke. 27 Necala la-
semva letabanakele, ngasentshonalanga,
walenzela iplanke zantandatu. 28 Wenzela
namagumbi etabanakele, emacaleni oma
bini, iplanke zambini. 29 Zazihlanganiswa
kunye ezantsi, kanjalo zahlanganiswa
kunye napezulu kuwo umsesane umnye:
wenje njalo kuzo zombini,emagumbini oma-
bini. 30 Kwaye kuko iplanke ezisibozo,
neziseko zazo zesilivere, iziseko ezilishumi
linesitandatu; zazibini iziseko ngapantsi
kweplanke ezinnye ngezinnye.

31 Wayesenza imivalo ngemiti yeshi-
time; yamihlanu eziplankeni zelinye icala
letabanakele, 32 nemihlanu imivalo ezi-
plankeni zelinye icala letabanakele, nemi-
hlanu imivalo eziplankeni zetabanakele,
zecala lasemva ngasentshonalanga. 33 No-
wapakati umvalo wawenza ukuba udhlule
pakati kweplanke, kwa kwennye inncame
kwada kwakwennye inncame. 34 Ne-
planke wazaleka ngegolide, nemisesane
yazo wayenza ngegolide *ibe* zindawo zemi-
valo; kanjako wayaleka imivalo ngegolide.

35 Wayesenza ikuselo ngezulura, nesi-
mnyama, nesibomvu, nepotiweyo iqiya
eshiceneyo: ngesetyenzwa lenncibi yoku-
luka walenza lona, linekerubime. 36 Wa-
lenzela intsika zanne *ngemiti* yeshitime,
wazaleka ngegolide: amagwegwe azo ebe-
ngawegolide; wayezityityishela iziseko ze-
silivere zazine.

37 Kanjalo walwenzela ucango lwente-
nte ilengalenga, ngezulura, nesimnyama,
nesibomvu, nepotiweyo iqiya eshiceneyo,
isetyenzwa lomtungi wamabala ngamabala:
38 kwa nentsika zalo zonklanu, namagwe-
gwe azo; wayezaleka inkloko zazo nento-
nga zazo ngegolide; kodwa iziseko zazo
zozihlanu zazizezexina.



University of Fort Hare
Together in Excellence

37 Wati kanjalo u-Betsalele wayenza
ityeya ngemiti yeshitime : yaizikubite
'mbini nesiqingata *sekubite* ubude bayo,
nekubite 'nnye nesiqingata *sekubite* ububa-
nzi bayo, nekubite 'nnye nesiqingata *seku-
bite* ubupakamo bayo. 2 Waza wayaleka
ngegolide ecocekileyo, pakati nangapa-
ndhle; wayenzela isitsaba segolide ngen-
to engqongayo. 3 Wayetyityishela yona
imisesane yegolide yamine, ngasemagu-
mbini ayo, imisesane mibini ngelinye icala
layo, nemisesane ekwa mibini ngelinye
icala layo. 4 Wazenza nezibonda ngemiti
yeshitime, wazaleka ngegolide. 5 Waye
izibonda ezo wazingenisa kuyo imisesane
esemacaleni etyeya, izo itwalwe ityeya.
6 Kanjalo wasenza isihlalo sofefe nge-
golide ecocekileyo: sasizikubite 'mbini
nesiqingata *sekubite* ubude baso, nekubite
'nnye nesiqingata *sekubite* ububanzi baso.
7 Wazenza nekerubime zambini ngegolide;
wazenza ngesetyenzwa elikandelweyo, zi-
puma ezinncameni zombini zesihlalo sofefe;
8 ennye ikerubime isenncameni yakweli
icala, nennye ikerubime isenncameni ya-
kweliya icala: zipuma esihlalweni sofefe
wayezenza ikerubime, ezinncameni zaso
zombini. 9 Zati ikerubime zatwabulula
amapiko omabini ngapezulu, zisigubungela
ngamapiko azo isihlalo sofefe; nobuso bazo
obennye *babubekana* nobennye; babunga-
kuso isihlalo sofefe ubuso bekerubime.
10 Wayenza netafile ngemiti yeshitime;
yayizikubite 'mbini ubude bayo, nekubite
'nnye ububanzi bayo, nekubite 'nnye nesi-
qingata *sekubite* ubupakamo bayo. 11 Wa-
yeyaleka ngegolide ecocekileyo, wayenzela
isitsaba segolide ngento engqongayo. 12
Wayenzela nodini, lungangobubanzi besa-
ndhla, ngento engqongayo; waza walwe-
nzela udini lwayo isitsaba segolide ngento
engqongayo. 13 Wayityityishela imise-
sane yegolide yamine, wayibeka imisesane
emagumbini omane asezinnyaweni zayo
zonne. 14 Ibimalungana nodini imise-
sane leyo, ibe zindawo zezibonda zokuba
kutwalwe itafile. 15 Wazenza izibonda ezo
ngemiti yeshitime, wazaleka ngegolide,
ize itwalwe itafile. 16 Wenza nempahla
ezipezu kwetafile, izikotile zayo, nezitya
zayo, nendebe zayo, nebekile zayo, ekwa-
galelwa ngazo, ngegolide ecocekileyo.
17 Wayenza nekandelare ngegolide e-
cocekileyo: ngesetyenzwa elikandelweyo
wayenza ikandelare; isikondo sayo, nexo-
kama layo, indetyana zayo, izikandana
zayo, nentyatyambo zayo, zibe zizezakuyo.
18 Imbaxa ezintandatu zapuma emacaleni
ayo; *kwapuma* imbaxa ezintatu zekande-
lare kwelinye icala layo, nembaxa ezintatu
zekandelare kwelinye icala layo. 19 Kwa-
ko indetyana ezintatu, zifanisiwe nezamo-
nde, kwennye imbaxa, *kwa n*esikandana
nentyatyambo; nendetyana ezintatu, zifa-
nisiwe nezamonde, nakwennye imbaxa,
*kwa n*esikandana nentyatyambo; kwa-
kunjalo kuzo zonke imbaxa ezipuma eka-
ndelareni. 20 Nakuyo ikandelare zaziko
indetyana ezinne, zifanisiwe nezamonde,
izikandana zayo, nentyatyambo zayo.
21 Kwakuko *esinye* isikandana ngapantsi
kwezimbini imbaxa zakuyo, n*esinye* isika-
ndana ngapantsi kwezimbini imbaxa za-
kuyo, nesinye isikandana ngapantsi kwe-
zimbini imbaxa zakuyo, njengazo imbaxa
zontandatu ezipuma ekandelareni. 22 Izi-
kandana zazo nembaxa zazo zibe zizeza-
kuyo; ibilinye isetyenzwa elikandelweyo
legolide ecocekileyo ipela. 23 Wazenza
nezibane zayo zosixenxe, nezicimo zayo,
nezipatelo zayo, ngegolide ecocekileyo.
24 Kwakungetalente yegolide ecocekileyo
wenzayo yona, nazo zonke impahla zayo.
25 Kanjalo wasenza isibingelo sokuqu-
misa ngemiti yeshitime: sasiyikubite 'nnye
ubude baso, nekubite 'nnye ububanzi baso;
sanamacala mane; nobupakamo baso sasi-
zikubite 'mbini; zibe zipuma kwa kuso
impondo zaso. 26 Wayesaleka ngegolide
ecocekileyo, ingcopo yaso, namacala aso
ngento engqongayo, nempondo zaso; wa-
senzela nesitsaba segolide ngento engqo-
ngayo. 27 Wasenzela kanjalo yamibini imi-
sesane yegolide ngapantsi kwesitsaba saso,
ngasemagumbini aso omabini, pezu kwa-
macala aso omabini, ibe zindawo zezibonda
zokuba sitwalwe ngazo. 28 Nezibonda
*zaso* wazenza ngemiti yeshitime, wazaleka
ngegolide.
29 Wayenza neoli engcwele yokuta-
mbisa, nesiqumiso esingcwengileyo sezi-
mnandi, ngomsebenzi womenzi wezinuka-
mnandi.
38 Kanjako wasenza isibingelo samadini
okutshiswa ngemiti yeshitime: sasi-
zikubite ezinklanu ubude baso, nekubite
ezinklanu ububanzi baso; sanamacala ma-
ne; nobupakamo baso sasizikubite ezintatu.
2 Wazenza nempondo zaso pezu kwama-
gumbi aso omane; zibe zipuma kwa kuso



University of Fort Hare

impondo zaso; wayesaleka ngexina. 3
Wenza nazo zonke impahla zesibingelo eso,
imbiza zaso, nezikotululo zaso, nezitya zaso
zokufefela, *n*eforoke zaso, nezipatamlilo
zaso: zonke impahla zaso wazenza ngexina.
4 Wayesenzela isibingelo iziko lesetyenzwa
elilinqwanqwa ngexina, ngapantsi kwesa-
zinge saso, ngasezantsi kwada kwapakati
kwaso. 5 Wayetyityishela amancame o-
mane eziko lexina imisesane yamine, ibe
zindawo zezibonda. 6 Wazenza izibonda
ngemiti yeshitime, wazaleka ngexina. 7
Waza wangenisa izibonda kuyo imisesane
emacaleni esibingelo, ukuba sitwalwe
ngazo: wenza sona siliholo ngeplanke.

8 Wayesenza isihlambelo ngexina, nesi-
kondo saso ngexina kanjalo, ngezikangeli-
selo zamakonzikazi akonzayo emnyango
wentente yenklangano.

9 Kanjako walenza ibala: ngecala lase-
suyide ngasesuyide amalengalenga ebala
ebengawepotiweyo iqiya eshiceneyo, iku-
bite ezilikulu. 10 Intsika zawo zazima-
shumi mabini, neziseko zazo zazimashumi
mabini, zizezexina; amagwegwe entsika
nentonga zazo bezizezesilivere. 11 Na-
ngecala lasenode *amalengalenga* ebezikubite
ezilikulu; intsika zawo zimashumi mabini,
neziseko zazo zikwa mashumi mabini, zize-
zexina; amagwegwe entsika nentonga
zazo bezizezesilivere. 12 Nangecala li-
tshona ilanga amalengalenga ebezikubite
ezingamashumi mahlanu; intsika zawo
zilishumi, neziseko zazo zikwa lishumi;
amagwegwe entsika nentonga zazo bezize-
zesilivere. 13 Nangecala lipuma ilanga
ngasempumalanga ikubite bezingamashu-
mi mahlanu. 14 Amalengalenga elinye
icala *lesango* ebezikubite ezilishumi line-
sihlanu; intsika zawo zantatu, neziseko
zazo zazikwa zitatu. 15 Nangelinye icala
lesango lebala, kwa lapa napaya, amale-
ngalenga ebezikubite ezilishumi linesihla-
nu; intsika zawo zantatu, neziseko zazo
zazikwa zitatu. 16 Onke amalengalenga
elingqongayo ibala ebengawepotiweyo iqi-
ya eshiceneyo. 17 Iziseko zentsika zibe
zizezexina; amagwegwe entsika nentonga
zazo bezizezesilivere; nesalekwa senkloko
zazo besisesesilivere; zonke intsika zebala
zabandakanyiswa *ngentonga* zesilivere.
18 Ilengalenga lesango lebala lalilisetye-
nzwa lomtungi wamabala ngamabala, lezu-
lura, nesimnyama, nesibomvu, nepotiweyo
iqiya eshiceneyo; lalizikubite ezingama-
shumi mabini ubude *balo*, nobupakamo
*balo*, ebubanzini, lalizikubite ezinklanu,
lilungelelene namalengalenga ebala. 19
Intsika zawo zane, neziseko zazo zazine,
zizezexina; amagwegwe azo ebengawesili-
vere, nesalekwa senkloko zazo nentonga
zazo bezizezesilivere. 20 Kanjalo zonke
izikonkwane zetabanakele, nezebala eli-
ngqongayo, zazizezexina.

21 Zezi izinto ezibalweyo zetabanakele,
zetabanakele yesinqino, ezibe zibalwa nge-
lizwi lika-Mosesi, ngenkonzo yaba-Levi,
ngesandhla sika-Yitamare, unyana ka-Arone
umperisite. 22 Waye u-Betsalele unyana
ka-Uri, unyana ka-Hure, owesizwe sika-
Juda, wenza konke UYEHOVA abemyalele
u-Mosesi ngako. 23 Nakunye naye wa-
bengu-Aholiyabi, unyana ka-Ahisamaki,
owesizwe sika-Dane, obengumqingqi, nen-
ncibi yokuluka, nomtungi wamabala nga-
mabala, ngezulura, nangesimnyama, nange-
sibomvu, nangepotiweyo iqiya eshiceneyo.

24 Yonke igolide ekwenziwa ngayo umse-
benzi, kuwo wonke umsebenzi weyingcwele
*indawo*, kwa igolide yomnikelo, yabizitale-
nte ezimashumi mabini anetoba, neshekele
ezimakulu asixenxe anamashumi matatu,
ezingangayo ishekele yeyingcwele *indawo*.

25 Nesilivere yababalweyo benklanga-
niso ibizitalente ezilikulu, neshekele ezi-
liwaka linamakulu asixenxe enamashumi
asixenxe enanklanu, ezingangayo ishekele
yeyingcwele *indawo*: 26 ibeka ngennxa
yenkloko ngenkloko, *oko kukuti*, isiqingata
seshekele, engangayo ishekele yeyingcwele
*indawo*, ngennxa yabo bonke abagqitela
kwababalweyo, bengabaminyaka ingama-
shumi mabini nabapezulu ubudala babo,
ngennxa yabangamawaka angamakulu ma-
tandatu enamawaka matatu, anamakulu
mahlanu enamashumi akwa mahlanu.
27 Italente zesilivere ezilikulu, kwatyityi-
shwa ngazo iziseko zeyingcwele *indawo*,
neziseko zekuselo; ikulu leziseko ngekulu
letalente, italente innye iyeyesiseko sinye.
28 Neziliwaka linamakulu asixenxe enama-
shumi asixenxe enanklanu *ishekele*, wenza
ngazo amagwegwe entsika, wazaleka inklo-
ko zazo, wazenzela intonga.

29 Kanjalo ixina yomnikelo ibizitalente
ezingamashumi asixenxe, neshekele ezinga-
mawaka mabini anamakulu mane. 30 We-
nza ngayo iziseko zocango lwentente yen-
klangano, nesibingelo sexina, neziko lexi-
na esibe sinalo, nazo zonke impahla zeziko,



University of Fort Hare
Together in Excellence

31 neziseko zebala elingqongayo, neziseko
zesango lebala, nazo zonke izikonkwane
zetabanakele, nazo zonke izikonkwane ze-
bala elingqongayo.

39 Nangezulura, nesimnyama, nesibomvu,
bazenza izivato zobukonzo, zokuba ku-
konzwe kweyingcwele *indawo;* bazenza
nezivato ezingcwele ezibe zezika-Arone,
njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.
2 Iyefodi wayenza ngegolide, nge-
zulura, nesimnyama, nesibomvu, nepo-
tiweyo iqiya eshiceneyo. 3 Baye beka-
ndela amaceba egolide, bancwela intsinga,
kuze kusetyenzwe *ngazo* pakati kwezulura,
napakati kwesimnyama, napakati kwesi-
bomvu, napakati kwayo epotiweyo iqiya
eshiceneyo, ngesetyenzwa lenncibi yoku-
luka. 4 Bayenzela neziziba zamagxalaba
ezibandakanyiweyo; kwa semancameni
ayo omabini yabandakanyiswa. 5 Nom-
binqo ocikiziweyo weyefodi yake, opezu
kwayo, wayinto yakuyo, njengesetyenzwa
layo; ngegolide, ngezulura, nesimnyama,
nesibomvu, nepotiweyo iqiya eshiceneyo;
njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.
6 Balungisa namatye eshohame evingce-
lwe ezigingqini zegolide, eqingqelwe
*njeng*eziqingqwa zaso isincamatiselo, enama-
gama onyana baka-Sirayeli. 7 Wayebeka
wona pezu kwezamagxalaba iziziba zeye-
fodi, abe ngamatye okukumbuza elusa-
tsheni luka-Sirayeli; njengokuba UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi.

8 Wayenza nembeka ngesetyenzwa len-
ncibi yokuluka, njengesetyenzwa layo
iyefodi; ngegolide, ngezulura, nesimnyama,
nesibomvu, nepotiweyo iqiya eshiceneyo.
9 Ibinamacala mane; ipindiwe bayenza
imbeka: yaisisoluko sesandhla ubude ba-
yo, nesoluko sesandhla ububanzi bayo,
ipindiwe. 10 Baye befaka kuyo inrozo
zanne zamatye; olunye urozo lwaluyirubi,
*ne*topaze, nekabunukele: lwalurozo lwoku-
qala olu. 11 Lwaye urozo lwesibini luyisa-
magide,*ne*safire,neyahalome. 12 Lwaye uro-
zo lwesitatu luyiyasinte, *ne*yagate,neyame-
tisite. 13 Lwaye urozo lwesine luyikrusolite,
*ne*sadonutse, nejasipidi: avingcelwa ezigi-
ngqini zegolide ezimfakweni zawo. 14 Ama-
tye la ebenjengamagama onyana baka-Sira-
yeli, elishumi linamabini, njengawo amaga-
ma abo, *njeng*eziqingqwa zaso isincamati-
selo, elinye ngelinye linegama lalo, ngennxa
yezizwe ezilishumi linesibini. 15 Benza
kanjalo pezu kwembeka imixokolelwane
ejijanisiweyo, isetyenzwa elitsontelweyo,
ngegolide ecocekileyo. 16 Bazenza nezi-
gingqi zazibini ngegolide, nemisesane
yegolide yamibini; baza babeka imisesane
leyo yomibini pezu kwawo amancame oma-
bini embeka. 17 Baye befaka lomibini
*imixokolelwane* etsontelweyo yegolide
kuyo imisesane mibini esemancameni
embeka. 18 Kodwa *amanye* amancame
omabini *emixokolelwane* mibini etsontelweyo
bawakonxa kuzo izigingqi zibini, bazibeka
pezu kweziziba zamagxalaba zeyefodi,
empambili wayo. 19 Babuya bayenza imi-
sesane mibini yegolide, bayimisa ema-
ncameni amabini embeka, empetwe-
ni wayo osecaleni leyefodi ngapakati.
20 Bayenza *neminye* imisesane mibini
yegolide, wayibeka pezu kweziziba zama-
gxalaba zozibini zeyefodi ngasezantsi,
ngasempambili wayo, malungana nokuba-
ndakanywa kwayo, ngapezulu kwombi-
nqo ocikiziweyo weyefodi. 21 Baye
benxibelela imbeka ngemisesane yayo
kwa kuyo imisesane yeyefodi ngosi-
nga lwezulura, ukuba ibe pezulu kwawo
umbinqo ocikiziweyo weyefodi, nokuba
imbeka ingashenxeki kuyo iyefodi; nje-
ngokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.

22 Kanjako wayenza ingubo yaseyefo-
dini ngesetyenzwa lomluki, ipela ngezulura.
23 Kwakuko intunja pakati kwayo ingubo,
njengentunja yesigcinisifuba; ibinompeto
*le*ntunja ngento engqongayo, ize ingara-
zuki. 24 Bazenza pezu kwemiqukumbelo
yengubo igranate zezulura, nesimnya-
ma, nesibomvu, *neqiya* epotiweyo.
25 Bazenza nezikencezelo zegolide
ecocekileyo, babeka izikencezelo ezo
pakati kwazo igranate pezu kwemiqu-
kumbelo yengubo, kwa ngento engqongayo
pakati kwegranate; 26 kuze kwabako isi-
kencezelo negranate, isikencezelo negra-
nate, pezu kwemiqukumbelo yengubo
ngento engqongayo; ukuba kukonzwe, nje-
ngokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.

27 Baye besenza ihempe ngeqiya eshi-
ceneyo, ngesetyenzwa lomluki, zibe zezi-
ka-Arone nezonyana bake; 28 nonkontsho
ngeqiya eshiceneyo, neminqwazi emihle
ngeqiya eshiceneyo, nebrukwe zeqiya nge-
potiweyo iqiya eshiceneyo; 29 noqwe-
mesha ngepotiweyo iqiya eshiceneyo, ne-
zulura, nesimnyama, nesibomvu, ngese-
tyenzwa lomtungi wamabala ngamabala;
njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.



University of Fort Hare

30 Bayenza nembasa yekrone engcwele
ngegolide ecocekileyo, babàla pezu kwayo
isibàlo, *njeng*eziqingqwa zesincamatiselo,
*sokuti :* UBUNGCWELE KUYEHOVA ! 31 Baye
bebopa kuyo usinga lwezulura, ize ibekwe
pezulu pezu kwalo unkontsho ; njengokuba
UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.
32 Kwada kwagqitywa wonke umsebenzi
wayo itabanakele yentente yenklangano :
lwaye usapo luka-Sirayeli lube lwenzile
njengako konke UYEHOVA abemyalele u-
Mosesi ngako, lwenje njalo ke.
33 Baza bazisa itabanakele ku-Mosesi,
intente, nazo zonke impahla zayo, ama-
konxo ayo, iplanke zayo, imivalo
yayo, nentsika zayo, neziseko zayo ;
34 nesigubungelo sezintsu zenkunzi ze-
gusha zenziwe bomvu, nesigubungelo
sezintsu zamacelesi, nekuselo lelengalenga;
35 ityeya yesinqìno, nezibonda zayo, ne-
sihlalo sofefe ; 36 itafile, *nazo* zonke impa-
hla zayo, nezonka zokubonakala ; 37 ika-
ndelare ecocekileyo, *n*ezibane zayo, izibane
zokucwangciswa, nazo zonke impahla zayo,
neoli yesikanyiso ; 38 nesibingelo segolide,
neoli yokutambisa, nesiqumiso esimnandi,
nelengalenga locango lwetabanakele ;
39 isibingelo sexina, neziko lexina esibe
sinalo, izibonda zaso, nazo zonke impahla
zaso ; isihlambelo, nesikondo saso ; 40 ama-
lengalenga ebala, intsika zalo, neziseko
zalo ; nelengalenga lesango lebala, intambo
zalo, nezikonkwane zalo, nazo zonke
impahla zenkonzo yetabanakele, ezentente
yenklangano ; 41 izivato zobukonzo, zo-
kuba kukonzwe kweyingcwele *indawo ;*
izivato ezingcwele zika-Arone umperisite,
nezivato zonyana bake, zokuba bakonze
ngobuperisite. 42 Njengako konke UYE-
HOVA abemyalele u-Mosesi ngako, lwenza
kwa ngokunjalo usapo luka-Sirayeli wonke
umsebenzi. 43 Waza u-Mosesi wawuka-
ngela wonke umsebenzi, kekaloku bona ke,
beluwenzile njengokuba UYEHOVA ebeya-
lele ; kwa ngokunjalo ke beluwenzile :
wandula u-Mosesi walutamsanqelisa.

40 WAZA wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti : 2 Ngomhla wennyanga yoku-
qala, ngowokuqala wennyanga, uya kupaka-
misa itabanakele yentente yenklangano.
3 Wauya kubeka kona ityeya yesinqìno ;
uze uyikusele ityeya ngekuselo. 4 Wandule
ungenise itafile, ucwangcise izinto zoku-
cwangciswa pezu kwayo ; uti kanjalo unge-
nise ikandelare, umise izibane zayo. 5 Wa-
uya kubeka isibingelo segolide sokuqumise-
la pambi kwayo ityeya yesiqìno ; uze ulixòme
ilengalenga locango etabanakeleni. 6 Wau-
ya kubeka isibingelo sedini lokutshiswa
pambi kwocango lwetabanakele yentente
yenklangano. 7 Kanjako uya kubeka
isihlambelo pakati kwentente yenklangano
nesibingelo ; uze ubeke kuso amanzi. 8 Wa-
ndule ulimise ibala ngento engqongayo, u-
lixòme ilengalenga esangweni lebala. 9 Wa-
uya kutabata ioli yokutambisa, utambise
itabanakele, nako konke okukuyo ; uya
kungcwalisa yona, nazo zonke impahla
zayo, ize ibe yingcwele. 10 Uya kuta-
mbisa kanjalo isibingelo sedini lokutshiswa,
nazo zonke impahla zaso ; uya kungcwa-
lisa isibingelo, size sibe sisibingelo esi-
yingcwelekazi. 11 Uya kutambisa nesi-
hlambelo, naso isikondo saso, usingcwalise.
12 Kanjalo u-Arone nonyana bake uya
kubasondeza elucangweni lwentente yen-
klangano, ubahlambe ngamanzi. 13 Wa-
uya kumambatisa u-Arone izivato ezi-
ngcwele, uze umtambise, umngcwalise no-
kumngcwalisa, ukuba andikonze ngobu-
perisite. 14 Nonyana bake wobasondeza,
ubambatise ihempe : 15 wauya kuta-
mbisa bona, njengokutembisa kwako uyise
wabo, ukuba bandikonze ngobuperisite :
ngokuba okunene ukutanjiswa kwabo
kwoba kokwobuperisite obungunapakade
kubo ngezizukulwana zabo.
16 Wenje njalo u-Mosesi : njengako konke
UYEHOVA abemyalele kona, wenje njalo ke.
17 Kwaza kwati ngennyanga yokuqala,
ngomnyaka wesibini, ngowokuqala *umhla*
wennyanga, kwapakanyiswa itabanakele.
18 Waye u-Mosesi wapakamisa itabanakele,
wabeka iziseko zayo, wamisa iplanke zayo,
wafaka imivalo yayo, wapakamisa intsika
zayo. 19 Waza watwabulula intente pezu
kwetabanakele, wabeka isigubungelo sen-
tente pezulu pezu kwayo ; njengokuba
UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.
20 Wayetabata isinqìno wasifaka etye-
yeni, wamisa izibonda pezu kwetyeya, wa-
beka isihlalo sofefe pezulu pezu kwetyeya.
21 Waza wangenisa ityeya etabanakeleni,
walixòma ikuselo lelengalenga, wayikusela
ityeya yesinqìno ; njengokuba UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi.
22 Wayebeka itafile ententeni yenkla-
ngano, ecaleni letabanakele ngasenede,
ngapandhle kwekuselo. 23 Waza wacwa-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngcisa pezu kwayo urozo lwezonka pambi
KWOYEHOVA; njengokuba UYEHOVA ebem-
yalele u-Mosesi.
24 Wayebeka nekandelare ententeni
yenklangano, malungana nayo itafile, eca-
leni letabanakele ngasesuyide. 25 Waza
wamisa izibane pambi KWOYEHOVA; nje-
ngokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.
26 Wayebeka nesibingelo segolide ente-
nteni yenklangano, pambi kwekuselo; 27
waqumisa pezu kwaso isiqumiso esimnandi;
njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.
28 Waza walixòma ilengalenga locango
lwetabanakele. 29 Kanjalo isibingelo sedini
lokutshiswa wasibeka ngaselucangweni
lwayo itabanakele yentente yenklangano;
wanikela pezu kwaso idini lokutshiswa
nomnikelo wokudhla; njengokuba UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi.
30 Wayemisa isihlambelo pakati kwen-
tente yenklangano nesibingelo, wabeka
kuso amanzi, ukuba kuhlanjwe. 31 Baye
behlamba kuso u-Mosesi, no-Arone, nonya-
na bake, izandhla zabo nennyawo zabo:
32 bati ekungeneni kwabo ententeni yen-
klangano, nasekusondeleni kwabo esibi-
ngelweni, bahlamba; njengokuba UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi.
33 Waza wapakamisa ibala ngento e-
ngqongayo itabanakele nesibingelo, wali-
xòma ilengalenga lesango lebala.
Wada wagqiba u-Mosesi umsebenzi.
34 Landula ilifu lasibekela intente yen-
klangano, bati ubungewalisa BUKAYEHOVA
bazalisa itabanakele. 35 Waye u-Mosesi
wakohlwa kukungena ententeni yenkla-
ngano, ngokokuba ilifu lihleli pezu kwayo,
nokuba ubungewalisa BUKAYEHOVA buza-
lisile itabanakele. 36 Kwati kwakunyuswa
ilifu kuyo itabanakele, lwaza lwahamba
usapo luka-Sirayeli kuzo zonke ihambo
zalo: 37 kodwa xeshekweni ilifu linga-
nyuswanga, lwaza alwahamba kwada kwa-
yimmini yokunyuswa kwalo. 38 Ngokuba
ilifu LIKAYEHOVA libe lipezu kwetabanakele
ngemmini, nomlilo ubupezu kwayo ngo-
busuku, emehlweni ayo yonke indhlu yo-
Sirayeli, kuzo zonke ihambo zabo.

## EYESITATU INNCWADI KAMOSESI,

E-KUTIWA

# YILEVITIKUSI.

### ISAHLUKO I.

WAZA UYEHOVA wabiza u-Mosesi, wa-
teta kuye esententeni yenklangano,
esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli, uti
kulo: Nxa umntu wakuni aya kunikela
umnikelo KUYEHOVA, niya kunikela umni-
kelo wenu uvela ezinkomeni, kwezinkulu
nakwezinncinane.
3 Ukuba umnikelo wake ulidini lokutshi-
swa livela ezinkomeni ezinkulu,yoba yinku-
nzi emsulwa aya kunikela ngayo: ngaseluca-
ngweni lwentente yenklangano uya kunike-
la yona, ngennxa yokubukwa kwake pambi
KWOYEHOVA. 4 Waeya kulalisa isandhla sake
pezu kwenkloko yedini lokutshiswa; eliya
kubukwa ngennxa yake limxolisele. 5 Wae-
ya kuxèla inkunzana leyo pambi KWOYEHOVA;
boti onyana baka-Arone, abaperisite, bali-
sondeze igazi, balisasaze igazi pezu kwe-
sibingelo ngento engqongayo, eso siselu-
cangweni lwentente yenklangano: 6 andule
ahlinze idini lokutshiswa, alicande ezitweni
zalo. 7 Baye onyana baka-Arone umperi-
site beya kubeka umlilo pezu kwesibingelo,
bazicwangcise inkuni pezu kwomlilo.
8 Boti kanjalo onyana baka-Arone, aba-
perisite, bacwangcise izito, inkloko, ne-
nqata, pezu kwenkuni ezisemlilweni opezu
kwesibingelo: 9 kodwa umbilini walo neu-
tungo zalo uya kuzihlanza ngamanzi: oko
konke umperisite uya kukutshisa pezu kwe-
sibingelo,kube lidini lokutshiswa,umnikelo
owenziwa ngomlilo, wevumba elimnandi
KUYEHOVA.
10 Ukuba kanjalo uvela ezinkomeni
ezinncinane umnikelo wake, ezigusheni,
umhlaumbi ezibokweni, libe lidini
lokutshiswa, yoba yinkunzi emsulwa
aya kunikela ngayo. 11 Waeya kuxèla
yona ecaleni lesibingelo, ngasenode, pambi



University of Fort Hare

KWOYEHOVA: boti onyana baka-Arone, aba-
perisite, balisasaze igazi layo pezu kwesi-
bingelo ngento engqongayo. 12 Waeya
kuyicanda ezitweni zayo, kunye nenkloko
yayo nenqata layo; ati umperisite azi-
cwangcise pezu kwenkuni ezisemlilweni
opezu kwesibingelo: 13 kodwa umbilini
nentungo uya kuzihlanza ngamanzi: oko
konke umperisite wokusondeza, akutshise
pezu kwesibingelo: lidini lokutshiswa,
umnikelo owenziwa ngomlilo, wevumba
elimnandi KUYEHOVA.
14 Kanjako ukuba ulidini lokutshiswa
livela ezintakeni umnikelo wake KUYEHOVA,
uya kwandula anikele umnikelo wake
uvela emahobeni, umhlaumbi ematoleni
ezuba. 15 Woti umperisite alisondeze esibi-
ngelweni, alinyikile inkloko, atshise *yona*
pezu kwesibingelo; laye igazi lalo liya ku-
focelwa ngasecaleni lesibingelo. 16 Nen-
dhlelo yalo kunye nomswane wayo uya
kuyisusa, ayipose kufupi nesibingelo nga-
sempumalanga, endaweni yotutu. 17 Waeya
kulicanda ngamapiko alo, angalahluli kanye
*kodwa*; andule umperisite alitshise pezu
kwesibingelo, pezu kwenkuni ezisemlilwe-
ni: lidini lokutshiswa, umnikelo owenziwa
ngomlilo, wevumba elimnandi KUYEHOVA.

2 XESHEKWENI umntu aya kunikela
ngomnikelo ongowokudhla KUYEHOVA,
umnikelo wake woba ngowomgubo ocole-
kileyo: uya kugalela ioli pezu kwawo,
nenklakamhlope uya kuyibeka pezu kwawo.
2 Waeya kuwuzisa konyana baka-Arone,
kubaperisite; ati *omnye* abambe kwa kona
ngento ezalisa isandhla sake kumgubo oco-
lekileyo wawo, nakwioli yawo, kunye nayo
yonke inklakamhlope yawo; aze umperi-
site asitshise isikunjuzelwa sawo pezu
kwesibingelo, *sibe* ngumnikelo owenziwa
ngomlilo, wevumba elimnandi KUYEHOVA.
3 Oko kuseleyo kumnikelo wokudhla, kwo-
ba kokuka-Arone nokwonyana bake: uyin-
to eyingcwelekazi kuyo iminikelo eyenzi-
wayo ngomlilo KAYEHOVA.
4 Naxeshekweni uya kunikela ngomni-
kelo ongowokudhla, into eyojiweyo eziko,
*woba* ngowezingenagwele izonkana zomgu-
bo ocolekileyo zinyeliwe ngeoli, nezinge-
nagwele izonkanyana zitanjisiwe ngeoli.
5 Nokuba umnikelo wako ungowokudhla
*owojiwayo* elukambeni, woba ngowomgubo
ocolekileyo ongenagwele, unyeliwe ngeoli.
6 Uya kuwuqezula emaqezwini, uze uga-
lele ioli pezu kwawo: ngumnikelo woku-
dhla wona.
7 Ukuba kanjalo ungowokudhla *opekwa-
yo* embizeni umnikelo wako, uya kwenzi-
wa ngomgubo ocolekileyo uneoli. 8 Wau-
ya kuzisa umnikelo wokudhla owenzi-
weyo ngezizinto KUYEHOVA; andule ati
umperisite, akunikelwa wona, awusondeze
esibingelweni. 9 Waye umperisite eya
kususa kumnikelo wokudhla isikunjuzelwa
sawo, asitshise pezu kwesibingelo: ngum-
nikelo owenziwa ngomlilo, wevumba eli-
mnandi KUYEHOVA. 10 Oko kuseleyo kumni-
kelo wokudhla, kwoba kokuka-Arone nokwo-
nyana bake: uyinto eyingcwelekazi kuyo
iminikelo eyenziwayo ngomlilo KAYEHOVA.
11 Akuko 'mnikelo wokudhla, eniya ku-
nikela ngawo KUYEHOVA, oya kwenziwa
ngegwele; ngokuba igwele nobusi ninga-
yi kutshisa nanye into enazo ibe ngumni-
kelo owenziwa ngomlilo KUYEHOVA: 12 um-
nikelo wolibo niya kunikela wona unazo
KUYEHOVA; kodwa azisayi kunyukela esibi-
ngelweni libe livumba elimnandi.
13 Nayo yonke iminikelo yomnikelo wo-
kudhla wako uya kumvumvuzela yona nge-
tyuwa; kanjako akuyi kupelisa ityuwa
yocebano LWOTIXO wako kuwo umnikelo
wokudhla wako: yonke iminikelo yako
uya kuyinikela inetyuwa.
14 Naxeshekweni uya kunikela ngomni-
kelo wokudhla welibo *zako* KUYEHOVA, nge-
zikwebu eziluhlaza zennqolowa zojiwe
ngomlilo, ngennqolowa ecutyiweyo ezikwe-
bini ezibonxileyo, uya kunikela umnikelo
wokudhla welibo zako. 15 Wauya kubeka
ioli pezu kwawo, nenklakamhlope uya ku-
yibeka pezu kwawo: ngumnikelo woku-
dhla wona. 16 Waye umperisite eya ku-
tshisa isikunjuzelwa sawo, inuxennye yen-
nqolowa ecutyiweyo yawo, nenuxennye
yeoli yawo, kunye nayo yonke inklaka-
mhlope yawo: ngumnikelo owenziwa
ngomlilo KUYEHOVA.

3 KANJAKO ukuba ngumbingo woxolo
umnikelo wake: ukuba uyanikela ngen-
komo, nokuba yinkunzi, nokuba yimazi,
woyinikela emsulwa ebusweni BUKAYEHOVA.
2 Waeya kulalisa isandhla sake pezu kwen-
kloko yomnikelo wake, awuxèle ngaselu-
cangweni lwentente yenklangano: boti
onyana baka-Arone, abaperisite, basasaze
igazi pezu kwesibingelo ngento engqonga-
yo: 3 andule awunikele uvela kulombingo



University of Fort Hare
Together in Excellence

woxolo umnikelo owenziwa ngomlilo KU-
YEHOVA; inqata eligubungela umbilini,
nalo lonke inqata elipezu kwombilini,
4 nezintso zombini, nenqata elipezu kwazo,
elingasezintsendweni; nendawo ezizenge-
zelayo pezu kwesibindi, kunye nezintso,
wozisusa. 5 Baye onyana baka-Arone be-
ya kutshisa lona esibingelweni, pezu kwe-
dini lokutshiswa, elipezu kwenkuni ezi-
semlilweni: ngumnikelo owenziwa ngom-
lilo, wevumba elimnandi KUYEHOVA.

6 Ukuba kanjalo uvela ezinkomeni ezin-
ncinane umnikelo wake, ube ngumbingo
woxolo KUYEHOVA; nokuba yinkunzi, no-
kuba yimazi, woyinikela emsulwa.

7 Ukuba yimvana anikela ngayo umni-
kelo wake, makanikele yona ebusweni BU-
KAYEHOVA. 8 Waeya kulalisa isandhla
sake pezu kwenkloko yomnikelo wake,
awuxèle pambi kwentente yenklangano;
boti onyana baka-Arone basasaze igazi la-
wo pezu kwesibingelo ngento engqongayo:
9 andule awunikele uvela kulombingo wo-
xolo umnikelo owenziwa ngomlilo KUYE-
HOVA; inqata lawo, umsila upela, aya ku-
wususa kufupi nomqolo, nenqata eligubu-
ngela umbilini, nalo lonke inqata elipezu
kwombilini, 10 nezintso zombini, nenqata
elipezu kwazo, elingasezintsendweni; nen-
dawo ezizengezelayo pezu kwesibindi, ku-
nye nezintso, wozisusa. 11 Lona umpe-
risite wolitshisa esibingelweni: kukutya
kwomnikelo owenziwa ngomlilo KUYEHOVA.

12 Nokuba yibokwe umnikelo wake, ma-
kayinikele ebusweni BUKAYEHOVA. 13 Wa-
eya kulalisa isandhla sake pezu kwenkloko
yayo, ayixèle pambi kwentente yenklanga-
no; boti onyana baka-Arone balisasaze
igazi layo pezu kwesibingelo ngento engqo-
ngayo: 14 andule awunikele uvela kwa
kuyo umnikelo wake, umnikelo owenziwa
ngomlilo KUYEHOVA; inqata eligubungela
umbilini, nalo lonke inqata elipezu kwom-
bilini, 15 nezintso zombini, nenqata eli-
pezu kwazo, elingasezintsendweni; nenda-
wo ezizengezelayo pezu kwesibindi, ku-
nye nezintso, woyisusa. 16 *Lamanqata*
umperisite wowatshisa esibingelweni: ku-
kutya kwomnikelo owenziwa ngomlilo,
libe livumba elimnandi; lonke inqata le-
LIKAYEHOVA.

17 Kwoba ngummiselwa ongunapakade
ezizukulwaneni zenu, kuzo zonke indawo
zokuhlala zenu, okokuba ningadhli nenqa-
ta negazi.

4 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-Mo-
sesi, esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli,
usiti: Nxa onayo umntu ngesiposo nga-
kweminye imiyalelo KAYEHOVA, *ngezinto*
ezinga zingenziwa, enze *into* ngakwomnye
kuyo: 3 ukuba umperisite otanjisiweyo
uya kwona libe lityala labantu, makani-
kele ngenuxa yesono sake onileyo ngaso,
inkunzana elitole lenkomo emsulwa KU-
YEHOVA, ibe lidini lesono. 4 Waeya kuzisa
inkunzana leyo elucangweni lwentente yen-
klangano pambi KWOYEHOVA; aze alaliso
isandhla sake pezu kwenkloko yenkunzana,
ayixèle inkunzana pambi KWOYEHOVA. 5 A-
ndule ati umperisite otanjisiweyo acapule
egazini lenkunzana, alizise ententeni yen-
klangano: 6 ati umperisite kanjalo awu-
fake umnwe wake egazini; aze ati fefo
kwelogazi amaxesha abe 'sixenxe ebuswe-
ni BUKAYEHOVA, pambi kwekuselo leyin-
gewele *indawo.* 7 Waye umperisite eya
kubeka innxennye yelogazi pezu kwempo-
ndo zesibingelo sesiqumiso esimnandi ebu-
sweni BUKAYEHOVA, esisententeni yenkla-
ngano; nalo lonke *elinye* igazi lenkunzana
woligalela ngasesekweni lesibingelo sedini
lokutshiswa, esisemnyango wentente yen-
klangano. 8 Kanjako lonke inqata lenku-
nzana yedini lesono uya kulisusa kuyo;
inqata eligubungela umbilini, nalo lonke
inqata elipezu kwombilini, 9 nezintso zo-
mbini, nenqata elipezu kwazo, elingasezin-
tsendweni; nendawo ezizengezelayo pezu
kwesibindi, kunye nezintso, wozisusa,
10 njengokuba zibe zisuswa kuyo inkomo
yombingo woxolo: *lamanqata* umperisite
wowatshisa pezu kwesibingelo sedini loku-
tshiswa. 11 Kodwa isikumba senkunzana,
nayo yonke inyama yayo, kunye nenklo-
ko yayo, nakunye nentungo zayo, nom-
bilini wayo, nomswane wayo, 12 kwa in-
kunzana leyo ipela woyikupela pandhle
kwomnquba, endaweni emhlope, apo ututu
lugalelwa kona, ayitshise pezu kwenkuni
ngomlilo: ngasekugalelweni kwotutu iya
kutshiswa.

13 Ukuba kanjalo yonke inklanganiso
yo-Sirayeli iya kuposisa, ize ifihlwe inda-
wo emehlweni omhlambi, nxa benzile *into*
*ngakwo*omnye kuyo yonke imiyalelo KAYE-
HOVA, *ngezinto* ezinga zingenziwa, bada
banetyala; 14 kwoti ke, sakwazeka eso-
sono bonile ngaso ngakuwo, wandule um-
hlambi unikele ngenkunzana elitole len-
komo, ibe lidini lesono, uyizise pambi



University of Fort Hare

kwentente yenklangano; 15 baze abadala
benklanganiso balalise izandhla zabo pezu
kwenkloko yenkunzana ebusweni BUKAYE-
HOVA, iti inkunzana ixèlwe pambi KWOYE-
HOVA. 16 Andule umperisite otanjisiweyo
azise innxennye yegazi lenkunzana enten-
teni yenklangano. 17 Waye umperisite eya
kufaka umnwe wake, *acapule* kwelogazi, ati
fefe amaxesha abo 'sixenxe ebusweni BUKA-
YEHOVA, pambi kwekuselo. 18 Nakulo igazi
elo uya kubeka *innxennye* pezu kwempo-
ndo zesibingelo esipambi KWOYEHOVA, esi-
sententeni yenklangano; aze agalele lonke
*elinye* igazi ngasesekweni lesibingelo sedini
lokutshiswa, esisemnyango wentente yen-
klangano. 19 Nalo lonke inqata layo woli-
susa kuyo, alitshise pezu kwesibingelo.
20 Waeya kwenzela lenkunzana, njengo-
kuba ebesenzela inkunzana yedini lesono;
uya kwenzela le ngokunjalo: woti umpe-
risite abaxolisele, baze baxolelwe. 21 Nen-
kunzana leyo woyikupela pandhle kwom-
nquba, atshise yona njengokuba ebeyi-
tshisa inkunzana yokuqala: lidini lesono
lomhlambi yona.

22 Oko oyinkosi aya kwona, enze *into*
*ngakw*omnye kuyo yonke imiyalelo KAYE-
HOVA, UTIXO wake, *ngezinto* ezinga zinge-
nziwa, ngesiposo, ade abe netyala; 23 nga-
ti umhlaumbi kuyaziswa kuye isono sake
onileyo ngaso; uya kwandula azisele umni-
kelo wake itakane lebokwe, liyinkunzi
emsulwa. 24 Waeya kulalisa isandhla
sake pezu kwenkloko yebokwe, ayixèle
endaweni apo kuxèlwa kona idini lokutshi-
swa pambi KWOYEHOVA: lidini lesono yona.
25 Andule umperisite acapule egazini le-
dini lesono ngomnwe wake, alibeke pezu
kwempondo zaso isibingelo sedini lokutshi-
swa; n*elinye* igazi lalo uya kugalela lona
ngasesekweni lesibingelo sedini lokutshi-
swa. 26 Nalo lonke inqata lalo wolitshisa
pezu kwesibingelo, njengalo inqata lombi-
ngo woxolo; woti umperisite amenzele uxo-
liso ngennxa yesono sake, size simxolelwe.

27 Naxeshekweni omnye wasebantwini
belizwe onayo ngesiposo, ngokwenza kwa-
ke *into ngakw*omnye kuyo imiyalelo KAYE-
HOVA, ngezinto ezinga zingenziwa, ade abe
netyala; 28 ngati umhlaumbi kuyaziswa
kuye isono sake onileyo ngaso; uya kwa-
ndula azisele umnikelo wake itakane lebo-
kwe, liyimazi emsulwa, ngennxa yesono
sake onileyo ngaso. 29 Waeya kulalisa
isandhla sake pezu kwenkloko yedini le-
sono, alixèle idini lesono endaweni yedini
lokutshiswa. 30 Andule umperisite aca-
pule egazini lalo ngomnwe wake, alibeke
pezu kwempondo zaso isibingelo sedini lo-
kutshiswa; nalo lonke *elinye* igazi lalo uya
kugalela lona ngasesekweni lesibingelo eso.
31 Kanjako lonke inqata lalo wolisusa,
njengokuba inqata lisuswa kuwo umbingo
woxolo; waye umperisite eya kulitshisa
pezu kwesibingelo, libe livumba elimnandi
KUYEHOVA: woti umperisite amenzele uxo-
liso, aze axolelwe.

32 Kodwa ukuba uyazisela umnikelo
wake imvana ibe lidini lesono, yoba yimazi
emsulwa aya kuyizisa. 33 Waeya kulalisa
isandhla sake pezu kwenkloko yedini lesono,
ayixèle *imvanakazi* ibe lidini lesono enda-
weni apo kuxèlwa kona idini lokutshiswa.
34 Andule umperisite acapule egazini le-
dini lesono ngomnwe wake, alibeke pezu
kwempondo zaso isibingelo sedini loku-
tshiswa; nalo lonke *elinye* igazi lalo uya
kugalela lona ngasesekweni lesibingelo eso.
35 Kanjako lonke inqata lalo wolisusa,
njengokuba inqata lemvana lisuswa kuwo
umbingo woxolo; waye umperisite eya
kutshisa *amanqata* lawo esibingelweni,
pezu kweminikelo eyenziwa ngomlilo KAYE-
HOVA: woti umperisite amenzele uxoliso
ngennxa yesono sake onileyo ngaso, size
simxolelwe.

5 XESHEKWENI umntu onayo, ekubeni
elivile ilizwi lesifungiso, elinqina nje, no-
kuba ubonile, nokuba wazile; ukuba akaxe-
leli, uyakutwala inkohlakaloyake. 2 Naxe-
shekweni umntu acukumisayo ennye into
encolileyo, nokuba sisidumbu sesilo esinco-
lileyo, nokuba sisidumbu senkomo encoli-
leyo, nokuba sisidumbu sesinambuzane esi-
ncolileyo, kuze kumfihlelwe; uncolile na-
ye, unetyala. 3 Naxeshekweni acukumi-
sayo ukuncola kwomntu, noko ukuncola
kwake kunjanina ancolisiwe ngako, kuze
kumfihlelwe; woti akukwazi, abe netyala.
4 Naxeshekweni umntu afungayo, enxama
ukuteta ngomlomo ukuba enze okubi,
umhlaumbi ukuba enze okulungileyo, no-
ko kuyinto enjanina umntu uya kunxama
ukuyiteta ngesifungo, kuze kumfihlelwe;
woti akukwazi, abe netyala ngennye yezi-
*zinto*. 5 Kwakuya kuti, nxa anetyala ngen-
nye yezi*zinto*, uya kuxela ukuba wonile
ngalo*nto*: 6 waeya kuzisela ityala lake
KUYEHOVA, ngennxa yesono sake onileyo



University of Fort Hare

ngaso, imazi yasezinkomeni ezinncinane,
imvanakazi umhlaumbi itakanekazi lebo-
kwe, ibe lidini lesono; ati umperisite
amenzele uxoliso ngennxa yesono sake.
7 Kodwa ukuba isandhla sake asinaku-
fikela okwanele inkomo enncinane, maka-
zisele ityala lake, onileyo ngalo, amahobe
abe mabini, umhlaumbi amatole ezuba abe
mabini, KUYEHOVA; elinye libe leledini
lesono, elinye libe leledini lokutshiswa.
8 Uya kuzisa wona kumperisite, oya kunike-
la eledini lesono kuqala, alinyikile inkloko
ngasentanyeni, angalahluli kanye kodwa.
9 Waeya kufefa ngegazi ledini lesono pezu
kwecala lesibingelo; koko isisalela segazi
liya kufocelwa ngasesekweni lesibingelo:
lidini lesono lona. 10 Nelesibini uya ku-
lenza idini lokutshiswa, njengesiko; ati
umperisite amenzele uxoliso ngennxa ye-
sono sake onileyo ngaso, size simxolelwe.
11 Kodwa ukuba isandhla sake asinaku-
fikela amahobe amabini, umhlaumbi ama-
tole ezuba amabini, makazisele umnikelo
wake, lowo owonileyo, eseshumi isiqingata
seyefa yomgubo ocolekileyo ube lidini le-
sono; akayi kubeka pezu kwawo ioli,
akayi kubeka pezu kwawo inklakamhlope
kanjalo: ngokuba wona ulidini lesono.
12 Andule awuzise kumperisite, ati umpe-
risite abambe kuwo into ezalisa isandhla
sake, isikunjuzelwa sawo, asitshise pezu
kwesibingelo, pezu kwayo iminikelo eye-
nziwa ngomlilo KAYEHOVA: ulidini lesono
wona. 13 Waye umperisite eya kume-
nzela uxoliso ngennxa yesono sake onileyo
ngaso ngennye yez*izinto*, size simxolelwe;
siti *isisalela* sibe sesomperisite, njengawo
umnikelo wokudhla.
14 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 15 Nxa agqita umntu ngesigqito,
one nokwona ngesiposo, kwezingcwele
izinto ZIKAYEHOVA; uya kwandula azisele
ityala lake KUYEHOVA inkunzi yegusha
emsulwa ivela emhlambini, ngokulinganisa
kwako neshekele zesilivere, ezingangeshe-
kele yeyingcwele *indawo*, ibe lidini letyala.
16 Nalonto onileyo ngayo kweyingcwele
into woyibuyekezela, nesesihlanu isiqi-
ngata sayo uya kusongeza pezu kwayo,
ayinike kumperisite; woti umperisite ame-
nzele uxoliso ngenkunzi yegusha yedini
letyala, aze axolelwe.
17 Naxeshekweni umntu onayo, enze
*into ngakw*omnye kuyo yonke imiyalelo
KAYEHOVA, *ngezinto* ezinga zingenziwa;
nakuba engayazi, unetyala noko; uya ku-
twala nenkohlakalo yake. 18 Waeya ku-
zisa inkunzi yegusha emsulwa ivela emhla-
mbini, njengokulinganisa kwako, ibe lidi-
ni letyala, kumperisite; woti umperisite
amenzele uxoliso ngennxa yesiposo sake
aposisile ngaso, abengasazi; sasiya kum-
xolelwa. 19 Lidini letyala yona; une-
tyala ngennyaniso kuye UYEHOVA.
6 Wateta UYEHOVA kanjalo ku-Mosesi, esiti:
2 Ukuba umntu uyona, agqite ngesi-
gqito ngakuye UYEHOVA, amxokise umme-
lwane wake ngento enikelwe ekugcineni
kwake, umhlaumbi ngento ebekelwe kuye,
umhlaumbi ngento epangiweyo; ati um-
hlaumbi amlumkise ummelwane wake,
3 umhlaumbi afumane into elahlekileyo,
aze axoke ngayo, afunge ngobuxoki; kwen-
nye yezizinto zonke azenzayo umntu,
esona ngazo; 4 kwoti ke, ngokuba onile,
enetyala nje, wobuyisa lonto epangiweyo
owayipangayo, umhlaumbi lonzuzo ingalu-
ngileyo walumkisa ngayo, umhlaumbi
lonto yokugcinelwa ebinikelwa ekugcineni
kwake, umhlaumbi lonto ilahlekileyo owa-
yifumanayo, 5 umhlaumbi *ennye into* kuko
konke asukuba efungile pezu kwako ngo-
buxoki; wobuyekezela yona ngenani layo,
nesesihlanu isiqingata salo wosongeza pezu
kwalo; kulowo into iyeyake woyinika
ngomhla wetyala lake. 6 Waeya kuzisela
ityala lake KUYEHOVA, inkunzi yegusha
emsulwa ivela emhlambini, njengokulinga-
nisa kwako, ibe lidini letyala, kumperisite;
7 woti umperisite amenzele uxoliso ebu-
sweni BUKAYEHOVA, kwakuya kumxolelwa
pezu kwennye into kuko konke asukuba
ekwenzile anetyala ngayo.

8 WABUYA wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 9 Yalela u-Arone nonyana bake,
ngokuti: Nguwo lo umteto wedini loku-
tshiswa: lidini lokutshiswa lona, ngennxa
yokuvuta pezu kwesibingelo bonke ubu-
suku kude kuse, ngokuba umlilo wesi-
bingelo uya kuhlala uvuta kuso. 10 Woti
umperisite ayambate ingubo yake yeqiya,
nebrukwe yeqiya ayambate pezu kwennya-
ma yake, aze asuse ututu, oko umlilo seu-
gqibele idini lokutshiswa pezu kwesibi-
ngelo, alubeke ngasecaleni lesibingelo.
11 Andule atule izivato zake, ambate
izivato zimbi, apume nototu olo ukuya
ngapandhle kwomnqaba, endaweni emhlo-
pe. 12 Waye umlilo esibingelweni uya



University of Fort Hare

kuhlala uvuta kuso; awusayi kucinywa;
umperisite uya kupemba inkuni pezu
kwawo imiso ngemiso, acwangcise edini
lokutshiswa pezu kwawo; waeya kutshisa
pezu kwawo inqata leminikelo yoxolo.
13 Umlilo womana uvuta futi esibinge-
lweni; awusayi kucinywa.
14 Kanjalo nguwo lo umteto womnikelo
wokudhla: wona *omnye* wonyana baka-
Arone wowunikela ebusweni BUKAYEHOVA,
ngapambi kwesibingelo. 15 Waeya kususa
kuwo ngento ezalisa isandhla sake, kwa
kuwo umgubo ocolekileyo womnikelo wo-
kudhla, nakuyo ioli yawo, nayo yonke
inklakamhlope epezu kwawo umnikelo wo-
kudhla; andule atshise pezu kwesibingelo,
libe livumba elimnandi, isikunjuzelwa
sawo, KUYEHOVA. 16 Nokuseleyo kuwo
baya kukudhla u-Arone nonyana bake:
kwotyiwa kungenagwele endaweni eyin-
gcwele; ebaleni lentente yenklangano
baya kukudhla. 17 Akuyi kwojwa ku-
bilisiwe: kusisabelwa sabo endibanikile
sona, kuyo iminikelo yami eyenziwa ngom-
lilo; kuyinto eyingcwelekazi, njengedini
lesono, nanjengedini letyala. 18 Konke
okubudoda pakati kwabantwana baka-
Arone kuya kukutya. Ngummiselwa ongu-
napakade ezizukulwaneni zenu ngayo imi-
nikelo eyenziwa ngomlilo KAYEHOVA: konke
okuyicukumisayo kwoba kungcwele.
19 Waye UYEHOVA wateta ku-Mosesi,
esiti: 20 Nguwo lo umnikelo ka-Arone
nonyana bake, abaya kunikela ngawo KU-
YEHOVA ngomhla wokutanjiswa kwake: ese-
shumi isiqingata seyefa yomgubo ocoleki-
leyo, ube ngumnikelo wokudhla ofuti;
esinye isiqingata sawo kwakusa, nesinye
isiqingata sawo kwakuhlwa. 21 Pezu
kwokamba uya kwenziwa ngeoli; unyaka-
nyisiwe uya kuwuzisa; *na*maqezu ojiwe-
yo omnikelo wokudhla uya kunikela wona
abe livumba elimnandi KUYEHOVA. 22 Um-
perisite otanjisiweyo esikundhleni sake
konyana bake wowunikela: ngummiselwa
ongunapakade KUYEHOVA; wogqityelwa
ukutshiswa. 23 Ngokuba yonke iminikelo
yokudhla yomperisite iya kugqityelwa
*ukutshiswa*; ayisayi kutyiwa.
24 Wati kanjalo UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 25 Teta ku-Arone nakonyana bake,
usiti: Nguwo lo umteto wedini lesono:
endaweni apo kuxèlwayo idini lokutshi-
swa, liya kuxèlwa kona idini lesono
ebusweni BUKAYEHOVA: liyinto eyingcwele-
kazi lona. 26 Umperisite olinikelayo ngen-
nxa yesono uya kulidhla; kweyingcwele
indawo liya kudhliwa, ebaleni lentente
yenklangano. 27 Konke okuyicukumisayo
innyama yalo kwoba kungcwele: na-
xeshekweni kufefiwe ngegazi lalo pezu
kwesivato, lonto kwafefwa pezu kwayo wo-
yihlanza endaweni eyingcwele: 28 kodwa
into yodongwe lipekiwe kuyo iya kuqeke-
zwa; ukuba kanti lipekiwe entweni yexi-
na, iya kuhlanjululwa yona, iyalazwe
ngamanzi. 29 Konke okubudoda pakati
kwabaperisite kuya kulidhla: liyinto e-
yingcwelekazi lona. 30 Kodwa onke ama-
dini esono, ekuziswa innxennye yegazi
lawo ententeni yenklangano, kuze kuxoli-
swe kweyingcwele *indawo*, wona akasayi
kudhliwa; aya kutshiswa ngomlilo.

7 Kanjalo nguwo lo umteto wedini
letyala: liyinto eyingcwelekazi lona.
2 Endaweni apo kuxèlwayo idini lokutshi-
swa, liya kuxèlwa kona idini letyala; ne-
gazi lalo wolisasaza pezu kwesibingelo
ngento engqongayo. 3 Nakulo uya ku-
nikela lonke inqata lalo, umsila, nenqata
eligubungela umbilini, 4 nezintso zombi-
ni, nenqata elipezu kwazo, elingasezintse-
ndweni; nendawo ezizengezelayo pezu
kwesibindi, kunye nezintso, wozisusa.
5 Waye umperisite eya kutshisa *amanqata*
lawo esibingelweni, abe ngumnikelo owe-
nziwa ngomlilo KUYEHOVA: lidini letyala.
6 Konke okubudoda pakati kwabaperisite
kuya kulidhla; endaweni eyingcwele liya
kudhliwa: liyinto eyingcwelekazi lona.
7 Njengedini lesono, likwa njalo idini
letyala; anomteto umnye: umperisite owe-
nzayo uxoliso ngalo, loba lelake. 8 Ka-
njako umperisite onikelayo idini lokutshi-
swa lomntu, isikumba sedini lokutshiswa
anikele ngalo soba sesake lowamperisite.
9 Nako konke okwomnikelo wokudhla
okwojiweyo eziko, nako konke okwenzi-
weyo embizeni napezu kwokamba, kwoba
kokwomperisite owunikelayo. 10 Kodwa
yonke iminikelo yokudhla enyeliweyo
ngeoli, neyomileyo, bonke onyana baka-
Arone boba nayo, omnye njengomnye.
11 Nguwo lo nomteto wombingo wo-
xolo, aya kunikela wona KUYEHOVA. 12 U-
kuba uyawunikela ube ngumbulelo, ma-
kanikele kunye nombingo wombulelo izo-
nkana ezingenagwele zinyeliwe ngeoli,
nezonkanyana ezingenagwele zitanjisiwe
ngeoli; nomgubo ocolekileyo unyakanyi-



University of Fort Hare

siwe, izonkana zinyeliwe ngeoli. 13 Nga-
pandhle kwezonkana *ezo*, uya kunikelela
umnikelo wake isonka esibilisiweyo, kunye
nombingo wombulelo weminikelo yoxolo
yake. 14 Nakuso uya kunikela esinye kuwo
wonke umnikelo sibe ngumnikelo wokufu-
nqufunqulwa KUYEHOVA: soba sesalom-
perisite otshizayo igazi leminikelo yoxolo.
15 Nennyama yombingo wombulelo wemi-
nikelo yoxolo yake, yona iya kutyiwa kwa
ngomhla wokunikelwa kwayo; akuyi kushi-
ywa 'nto kude kuse. 16 Kodwa ukuba
sisibambiso, umhlaumbi ngumnikelo wesi-
sa, umbingo wokunikela kwake, uya kutyi-
wa wona ngomhla aya kunikela umbingo
wake ngawo; kwoti nangomnye umhla ku-
dhliwe okuseleyo kuwo: 17 koko okuseleyo
kwinnyama yombingo ngowesitatu umhla
kuya kutshiswa ngomlilo. 18 Nokuba
kuka kudhliwe ennyameni yombingo wo-
xolo wake ngowesitatu umhla, akayi ku-
bukwa lowo oyinikelayo, ayiyi kumbale-
lwa, yoba yinto edhlubukileyo; nomntu o-
tyayo kuyo, yena uya kutwala inkohlakalo
yake. 19 Kanjako innyama ecukumisayo
ennye into encolileyo ayiyi kudhliwa; iya
kutshiswa ngomlilo; kanti innyama *enge-
njalo*, lonnyama bonke abacocekileyo baya
kutya yona. 20 Kodwa lowamntu odhla-
yo innyama yombingo woxolo, ongoKAYE-
HOVA, enokuncola kwake pezu kwake, uya
kunqanyulwa lowamntu ebantwini bake.
21 Naxeshekweni umntu acukumisayo
ennye into encolileyo, ukuncola kwomntu,
umhlaumbi isilo esincolileyo, umhlaumbi
ennye intshontsho encolileyo, aze atye
kuyo innyama yombingo woxolo, ongoKA-
YEHOVA, uya kunqanyulwa lowamntu eba-
ntwini bake.
22 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 23 Teta elusatsheni luka-Sirayeli,
usiti: Lonke inqata lenkomo, nelegusha,
nelebokwe, aniyi kulidhla. 24 Inqata le-
sidumbu, nenqata lento eqwengiweyo, li-
ngapatwa emisebenzini yonke; kodwa ani-
kuka nilidhle nakanye. 25 Ngokuba osu-
kuba esidhla inqata lenkomo, ekunikelwe
ngayo umnikelo owenziwa ngomlilo KUYE-
HOVA, kwa lowamntu olidhlayo wonqa-
nyulwa ebantwini bake. 26 Kanjako lonke
igazi aniyi kulidhla kuzo zonke indawo
zokuhlala zenu, elentaka nelenkomo. 27
Umntu osukuba esidhla elinye igazi, uya
kunqanyulwa lowamntu ebantwini bake.
28 Wateta UYEHOVA kanjalo ku-Mosesi,
esiti: 29 Teta elusatsheni luka-Sirayeli,
usiti: Lowo onikelayo ngombingo woxolo
wake KUYEHOVA, makazise umnikelo wake
KUYEHOVA uvela kuwo umbingo woxolo
wake. 30 Ezake izandhla ziya kuzisa
iminikelo eyenziwa ngomlilo KAYEHOVA;
inqata pezu kwesifuba wolizisa kunye nesi-
fuba eso, ukuba sishukushukunyiswe sona
sibe ngumnikelo wokushukushukunyiswa
ebusweni BUKAYEHOVA. 31 Waye umperi-
site eya kutshisa elonqata pezu kwesibinge-
lo; kodwa isifuba soba sesika-Arone neso-
nyana bake. 32 Nowokunene umkono
niya kunika wona kumperisite ube ngum-
nikelo wokufunqufunqulwa, kuyo imi-
bingo yoxolo yenu. 33 Lowo onikelayo
igazi leminikelo yoxolo, nenqata, kubo
onyana baka-Arone, woba ngowake um-
kono wokunene ube sisahlulelwa *sake*.
34 Ngokuba isifuba sokushukushukunyi-
swa nomkono wokufunqufunqulwa ndizi-
capule elusatsheni luka-Sirayeli, kuyo imi-
bingo yoxolo yalo, ndazinika ku-Arone
umperisite, nakonyana bake, ngommiselo
ongunapakade, zivela kulo usapo luka-
Sirayeli. 35 Oku kukokwokutanjiswa
kuka-Arone, nokwokutanjiswa kwonyana
bake, kuvela kuyo iminikelo eyenziwa
ngomlilo KAYEHOVA, emhleni abebasondeza
ukuza kukonza ngobuperisite KUYEHOVA;
36 oko UYEHOVA waxela ukuba kunikwe
kubo, emhleni wokubatambisa kwake,
lusapo luka-Sirayeli, ube ngummiselwa
ongunapakade ngezizukulwana zalo.
37 Nguwo lo umteto wedini lokutshi-
swa, *n*owomnikelo wokudhla, nowedini
lesono, nowedini letyala, noweminikelo
yokuzalisa, nowombingo woxolo; 38 lowo
UYEHOVA wayalela u-Mosesi ngawo entabeni
ye-Sinai, emhleni wayalelayo usapo luka-
Sirayeli ukuba lunikele iminikelo yalo
KUYEHOVA, enklango ye-Sinai.

8 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-Mo-
sesi, esiti: 2 Tabata u-Arone nonyana
bake kunye naye, nezivato, neoli yokuta-
mbisa, nenkunzana yedini lesono, nenkunzi
zegusha zimbini, nesitya sezonka ezingena-
gwele; 3 uze ubutele yonke inklanganiso
elucangweni lwentente yenklangano.
4 Wenza u-Mosesi njengokuba wabem-
yalela UYEHOVA; yaza yonke inklanga-
niso yabutelwa elucangweni lwentente
yenklangano. 5 Wandula wati u-Mo-
sesi enklanganisweni: Yiyo le into UYE-



University of Fort Hare

HOVA ayalele ngayo ukuba yenziwe. 6
Waye u-Mosesi wasondeza u-Arone no-
nyana bake, wabahlamba ngamanzi. 7 Wa-
za wamfaka ihempe, wambinqisa uqwe-
mesha, wamambatisa ingubo; wamfaka
neyefodi, wambinqisa nombinqo ocikizi-
weyo weyefodi, wayibopa kuye ngawo.
8 Wayebeka pezu kwake imbeka, wafaka
embekeni i-Urime ne-Tumime. 9 Wabeka
nonkontsho pezu kwenkloko yake; napezu
kwonkontsho, ngakubo ubuso bake, wabe-
ka imbasa yegolide, ikrone engcwele;
njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.

10 Waza u-Mosesi watabata ioli yoku-
tambisa, watambisa itabanakele nento
zonke ezikuyo, wazingcwalisa. 11 Waye-
fefa ngayo pezu kwesibingelo amaxesha
asixenxe, watambisa isibingelo nazo zonke
impahla zaso, kunye nesihlambelo nesi-
kondo saso, zize zingcwaliswe. 12 Nen-
uxennye yeoli yokutambisa wayigalela
pezu kwenkloko ka-Arone, wamtambisa,
ukuba amngcwalise. 13 Waza u-Mosesi
wabasondeza onyana baka-Arone, wabava-
tisa ihempe, wababinqisa ingqwemesha,
wabopa kubo iminqwazi; njengokuba
UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.

14 Wandula wayisondeza inkunzana ye-
dini lesono; bati u-Arone nonyana bake
balalisa izandhla zabo pezu kwenkloko
yenkunzana yedini lesono. 15 Kwaye
kuxèlwa ke; waza u-Mosesi watabata igazi,
walibeka ezimpondweni zesibingelo ngento
engqongayo ngomnwe wake, wasihlambu-
lula isibingelo; wandula waligalela igazi
ngasesekweni lesibingelo, wasingcwalisa,
kuze kwenziwe uxoliso pezu kwaso. 16 Wa-
yetabata lonke inqata elipezu kwombilini,
nendawo ezizengezelayo zesibindi, nezintso
zombini, nenqata lazo; waza u-Mosesi wa-
litshisa esibingelweni. 17 Kodwa inku-
nzana nesikumba sayo, inyama yayo
nomswane wayo, wazitshisa ngomlilo nga-
pandhle kwomnquba; njengokuba UYEHO-
VA ebemyalele u-Mosesi.

18 Wandula wasondeza inkunzi yegusha
yedini lokutshiswa; bati u-Arone nonyana
bake balalisa izandhla zabo pezu kwenklo-
ko yenkunzi yegusha. 19 Kwaye kuxè-
lwa ke; waza u-Mosesi walisasaza igazi
pezu kwesibingelo ngento engqongayo.
20 Nenkunzi yegusha wayicanda ezitweni
zayo; waye u-Mosesi watshisa inkloko,
nezito, nenqata; 21 kodwa umbilini nen-
tungo wazihlanza ngamanzi; waza u-
Mosesi watshisa lonkunzi yegusha ipela
esibingelweni: ibilidini lokutshiswa libe
livumba elimnandi, ibingumnikelo owenzi-
wa ngomlilo KUYEHOVA; njengokuba UYE-
HOVA ebemyalele u-Mosesi.

22 Wandula wayisondeza eyesibini
inkunzi yegusha, inkunzi yegusha yoku-
zalisa; bati u-Arone nonyana bake balalisa
izandhla zabo pezu kwenkloko yenkunzi
yegusha. 23 Kwaye kuxèlwa ke; waza
u-Mosesi wacapula kwigazi layo, walibeka
pezu kwesitinzi seyokunene indhlebe ka-
Arone, napezu kwesitupa sesokunene isa-
ndhla sake, napezu kwobontsi wolwoku-
nene unyawo lwake. 24 Wasondeza
onyana baka-Arone nabo; waye u-Mosesi
wabeka innxennye yegazi elo pezu kwesi-
tinzi seyokunene indhlebe yabo, napezu
kwesitupa sesokunene isandhla sabo, na-
pezu kwobontsi wolwokunene unyawo
lwabo: wati kanjalo u-Mosesi wasasaza
igazi pezu kwesibingelo ngento engqo-
ngayo. 25 Waza watabata inqata, nomsila,
nalo lonke inqata elipezu kwombilini, nen-
dawo ezizengezelayo zesibindi, nezintso
zombini, nenqata lazo, nowokunene umko-
no: 26 nakuso isitya sezonka ezingena-
gwele, esipambi KWOYEHOVA, watabata iso-
nkana sinye esingenagwele, nesonkana
sinye sesonka esineoli, nesonkanyana
sikwa sinye, wazibeka pezu kwamanqata
lawo, napezu kwowokunene umkono.
27 *Ezonto* zonke wazinika ezandhleni zika-
Arone, nasezandhleni zonyana bake, wa-
zishukushukumisa zibe ngumnikelo woku-
shukushukunyiswa pambi KWOYEHOVA.
28 Waza u-Mosesi wazitabata ezandhleni
zabo, wazitshisa esibingelweni, pezu kwe-
dini lokutshiswa: zayiminikelo yokuzalisa
libe livumba elimnandi; ngumnikelo owe-
nziwa ngomlilo KUYEHOVA. 29 Kanjako u-
Mosesi watabata isifuba, wasishukushu-
kumisa sibe ngumnikelo wokushukushuku-
nyiswa pambi KWOYEHOVA: sibe sisisabelwa
sika-Mosesi sivela kuyo inkunzi yegusha
yokuzalisa; njengokuba UYEHOVA ebem-
yalele u-Mosesi.

30 Wandula u-Mosesi wacapula kuyo
ioli yokutambisa, nakulo igazi elipezu
kwesibingelo, wati fefe pezu kwo-Arone,
*na*pezu kwezivato zake, napezu kwonyana
bake, napezu kwezivato zonyana bake
kunye naye; wangcwalisa u-Arone, *ne*zi-
vato zake, nonyana bake, nezivato zonyana
bake kunye naye.



University of Fort Hare

31 Waza u-Mosesi wati ku-Arone na-
konyana bake: Pekani lonnyama eluca-
ngweni lwentente yenklangano, niyidhle
kona apo, kwa nesonka esikuso isitya se-
minikelo yokuzalisa, njengoko ndiyaleleyo,
ndisiti: u-Arone nonyana bake baya kuyi-
dhla. 32 Nokuseleyo kuyo innyama na-
kuso isonka niya kukutshisa ngomlilo.
33 Kanjalo aniyi kupuma elucangweni
lwentente yenklangano imihla ibe sixenxe,
ude ubeko umhla wokuzalisekiswa kwayo
imihla yeminikelo yokuzalisa yenu: ngo-
kuba yimihla isixenxe kuya kuzaliswa
izandhla zenu ngayo. 34 Njengokuba
kwenziwe namhla nje, uyalele UYEHOVA
ukuba kwenjwe njalo, ukuze nenzelwe
uxoliso. 35 Kukona niya kuhlala eluca-
ngweni lwentente yenklangano, immini
nobusuku, imihla ibe sixenxe, nisigcine
isigcinelo SIKAYEHOVA, ukuze ningafi:
ngokuba kungokunjalo endiyalelweyo.
36 Bati u-Arone nonyana bake benza
zonke izinto abeziyalele UYEHOVA ngesa-
ndhla sika-Mosesi.

9 Kwaye kute ngomhla wesibozo, u-
Mosesi wabiza u-Arone, nonyana bake,
nabadala bo-Sirayeli; 2 wati kuye u-
Arone: Zitabatele inkonyana, itole lenko-
mo, ibe lidini lesono, nenkunzi yegusha
ibe lidini lokutshiswa, *ezo* zimsulwa, uzi-
sondeze pambi KWOYEHOVA. 3 Uze utete
kulo usapo luka-Sirayeli, usiti: Tabatani
itakane lebokwe libe lidini lesono, kwa
nenkonyana nemvana, zizezomnyaka 'mnye,
zimsulwa, zibe lidini lokutshiswa; 4 kwa
nenkabi nenkunzi yegusha zibe zezemini-
kelo yoxolo, kuze kubingelwe ebusweni
BUKAYEHOVA; nomnikelo wokudhla unyo-
liwe ngeoli; ngokuba namhla UYEHOVA eya
kubonakala kuni.

5 Baza batabata oko wakuyalelayo
u-Mosesi, *bakuzisa* pambi kwentente
yenklangano; yati yonke inklanganiso
yasondela, yema pambi KWOYEHOVA.
6 Wayesiti u-Mosesi: Yilento UYEHOVA
ayiyaleleyo ukuba maniyenze; kuze
kubonakale kuni ubungcwalisa BUKA-
YEHOVA.

7 Waye u-Mosesi wati ku-Arone: Sondela
esibingelweni, ulenze elako idini lesono,
nelako idini lokutshiswa; uze ulwenze
uxoliso ngennxa yako, nangennxa yabantu;
wandule unikele umnikelo wabantu, ube-
nzele uxoliso; njengokuba eyalele UYE-
HOVA.

8 Waza wasondela u-Arone esibinge-
lweni, waxèla inkonyana yedini lesono,
eyelake. 9 Basuka onyana baka-Arone
balizisa igazi kuye; waza wafaka umnwe
wake egazini elo, walibeka ezimpondweni
zesibingelo; wandula wagalela igazi nga-
sesekweni lesibingelo. 10 Kodwa inqata,
nezintso, nendawo ezizengezelayo esibi-
ndini, kulo idini lesono, wazitshisa pezu
kwesibingelo; njengokuba UYEHOVA ebem-
yalele u-Mosesi. 11 Kanti innyama ne-
sikumba wazitshisa ngomlilo ngapandhle
kwomnquba. 12 Waza waxèla idini loku-
tshiswa; basuka onyana baka-Arone bam-
nikela igazi; owalitshizayo pezu kwesi-
bingelo ngento engqongayo. 13 Bamni-
kela nedini lokutshiswa ngezito zalo,
nenkloko; owalitshisayo esibingelweni.
14 Umbilini nentungo wazihlanza nga-
manzi, wazitshisa pezu kwedini loku-
tshiswa, esibingelweni.

15 Waza wasondeza umnikelo wabantu,
watabata ibokwe yedini lesono, eyelabantu,
wayixèla, wayenza idini lesono, njengelo-
kuqala. 16 Wasondeza nedini lokutshiswa,
walenza njengesiko. 17 Wasondeza ka-
njalo umnikelo wokudhla, wazalisa isandhla
sake kwa kuwo, watshisa *oko* pezu kwesi-
bingelo, ngapandhle kwelokusa idini loku-
tshiswa. 18 Wandula waxèla inkabi nen-
kunzi yegusha zibe ngumbingo woxolo,
ongowabantu: basuka onyana baka-Arone
bamnikela igazi, owalitshizayo pezu kwe-
sibingelo ngento engqongayo; 19 kwa
namanqata avela kwinkabi nakwinkunzi
yegusha, umsila, nelo ligubungela *umbilini*,
nezintso, nendawo ezizengezelayo zesibi-
ndi: 20 baye bebeka lamanqata pezu
kwazo izifuba; waza watshisa amanqata
lawo esibingelweni. 21 Kodwa izifuba
nowokunene umkono wazishukushukumisa
u-Arone zibe ngumnikelo wokushukushu-
kunyiswa pambi KWOYEHOVA; njengokuba
ebeyalele u-Mosesi.

22 Waye u-Arone wapakamisa isandhla
sake ngasebantwini, wabatamsanqelisa;
waza wehla, akuba enzile idini lesono,
nedini lokutshiswa, neminikelo yoxolo.
23 Wandula wangena u-Mosesi no-Arone
ententeni yenklangano; bapuma ke, bata-
msanqelisa abantu: bati ubungcwalisa BU-
KAYEHOVA babonakala kubo bonke abantu.
24 Kwaye kupuma umlilo ebusweni BU-
KAYEHOVA, wagqibela pezu kwesibingelo
idini lokutshiswa namanqata: bati baku-



University of Fort Hare

bona bonke abantu, badanduluka ngovuyo,
bawa ngobuso babo.

10 KEKALOKU onyana baka-Arone, u-
Nadabi no-Abihu, batabata omnye
ngomnye isiqumelo sake, bafaka kuzo
umlilo, babeka pezu kwawo isiqumiso,
banikela ebusweni BUKAYEHOVA umlilo
wasemzini, owaengabayalelanga ngawo.
2 Kwaza kwapuma umlilo ebusweni BUKA-
YEHOVA, wabagqibela; bafa ke pambi KWO-
YEHOVA. 3 Wandula wati u-Mosesi ku-
Arone: Koku akutetileyo UYEHOVA, esiti:
Ngabo basondela kumi ndiya kungcwa-
liswa, nasebusweni babantu bonke ndiya
kuzukiswa. Koko u-Arone wati cwaka.
4 Waza u-Mosesi wabiza u-Mishayeli no-
Elitsafane, onyana baka-Huziyeli, uyise-
kazi ka-Arone, wati kubo: Sondelani,
susani abazalwana benu pambi kwe-
yingcwele *indawo* niye ngapandhle kwom-
nquba. 5 Basondela ke, babasusa bese-
zihempeni zabo baya ngapandhle kwom-
nquba; njengokuba ebetshilo u-Mosesi.
6 Waza wati u-Mosesi ku-Arone, naku-
Elezari, naku-Yitamare, onyana bake:
Inkloko zenu ningazihlubululi, nezivato
zenu ningazirazuli, ukuba ningafi, nokuba
kungaqunjelwa yonke inklanganiso;
kodwa abazalwana benu, kwa yonke
indhlu yo-Sirayeli, mabalilele okukutsha
UYEHOVA akupembileyo. 7 Aniyi kupuma
elucangweni lwentente yenklangano,
hleze nife; ngokuba ioli yokutambisa
KAYEHOVA ipezu kwenu. Bayo besenza
njengelizwi lika-Mosesi.
8 Waza wateta UYEHOVA ku-Arone, esiti:
9 Iveyine notywala akuyi kubusela, kwa
wena nonyana bako kunye nawe, xeshe-
kweni niya kungena ententeni yenklanga-
no, ukuba ningafi: ngummiselwa onguna-
pakade ngezizukulwana zenu: 10 nokuba
nenze ukwahluka pakati kwokungcwele
nokungengcwele, napakati kwokuncolileyo
nokucocekileyo; 11 nokuba nifundise
usapo luka-Sirayeli yonke imimiso ayite-
tileyo UYEHOVA kulo ngesandhla sika-
Mosesi.
12 Waye u-Mosesi wateta ku-Arone,
naku-Elezari, naku-Yitamare, onyana bake
abaseleyo, *esiti:* Tabatani umnikelo wo-
kudhla oseleyo kuyo iminikelo eyenziwa
ngomlilo KAYEHOVA, niwutye ungenagwele
kufupi nesibingelo; ngokuba uyinto eyin-
gcwelekazi wona: 13 naniya kuwutya
endaweni eyingcwele, ngokokuba wona
usisahlulelwa sako, nesahlulelwa sonyana
bako, kuyo iminikelo eyenziwa ngomlilo
KAYEHOVA: ngokuba kungokunjalo endiya-
lelweyo. 14 Kanjako isifuba sokushuku-
shukunyiswa nomkono wokufunqufunqu-
lwa niya kuzidhla endaweni emhlope, kwa
wena, nonyana bako, nentombi zako kunye
nawe; ngokuba zisisahlulelwa sako, nesa-
hlulelwa sonyana bako, *enizipiwe* kwimi-
bingo yoxolo yosapo luka-Sirayeli. 15 Um-
kono wokufunqufunqulwa nesifuba soku-
shukushukunyiswa baya kuzizisa kunye
neminikelo yamanqata eyenziwa ngomlilo,
kuze kushukushukunyiswe umnikelo wo-
kushukushukunyiswa ebusweni BUKAYE-
HOVA; oya kuba ngowako, nowonyana
bako kunye nawe, ngommiselwa onguna-
pakade; njengokuba eyalele UYEHOVA.
16 Waza u-Mosesi wafuna kunene ibo-
kwe yedini lesono, kekaloku nańtsi itshi-
siwe: waequmbile ngaku-Elezari nangaku-
Yitamare, onyana baka-Arone abaseleyo,
esiti: 17 Kunganina ukuba ningatyanga
idini lesono endaweni engcwele? ngokuba
liyinto eyingcwelekazi lona, nenilipiweyo
ukuba nitwale inkohlakalo yenklanganiso,
ize nenzele bona uxoliso ebusweni BUKA-
YEHOVA. 18 Bona ke, akungeniswanga
igazi lalo pakati kweyingcwele *indawo;*
ninge nilidhlile ngennyaniso kweyin-
gcwele *indawo,* njengokuba ndiyalele.
19 Waza wateta u-Arone ku-Mosesi, *wati:*
Bona ke, namhla nje banikele idini lesono
labo nedini lokutshiswa labo pambi KWO-
YEHOVA, nangona izinto ezinje zindihlile;
ukuba bendityile idini lesono namhla nje,
bekuya kuba kulungile na *oko* emehlweni
KAYEHOVA? 20 Wati u-Mosesi akuva *oku,*
kwakulungile emehlweni ake.

11 WANDULA wateta UYEHOVA ku-
Mosesi naku-Arone, esiti kubo: 2 Te-
tani nosapo luka-Sirayeli, nisiti: Na-
nzi izinto ezipilileyo eniya kuzidhla pa-
kati kwazo zonke izilo ezisemhlabeni.
3 Zonke ezilwahlula upupu, ezicanda
upupu kubini, ezihlafuna umtyiso, pakati
kwezilo, ezona niya kuzidhla. 4 Ezi
noko aniyi kuzidhla kwezo zityisayo, na-
kwezo zilwahlulayo upupu: inkamela,
ngokuba ihlafuna umtyiso, kodwa ayahluli
upupu; incolile yona kuni: 5 nembila,
ngokuba ihlafuna umtyiso, kodwa aya-
hluli upupu; incolile yona kuni: 6 nom-



University of Fort Hare

vundhla, ngokuba uhlafuna umtyiso, ko-
dwa awahluli upupu ; uncolile wona kuni :
7 nehangu, ngokuba leyo ilwahlula upu-
pu, icanda upupu kubini kanjalo, kodwa
ayihlafuni umtyiso; incolile yona kuni.
8 Kwinyama yazo aniyi kudhla, nesi-
dumbu sazo aniyi kusicukumisa ; zincolile
zona kuni.

9 Ezi niya kuzidhla kwezo zonke ezise-
manzini : zonke ezinamapiko nenkwetu
emanzini, kuzo ilwandhle nakuyo imi-
lambo, ezona niya kuzidhla. 10 Kodwa
zonke ezingenamapiko nenkwetu ezilwa-
ndhleni nasemilanjeni, kuzo zonke izina-
mbuzane zamanzi, nakuzo zonke izinto
ezipilileyo ezisemanzini, zona ziyintsho-
ntsho kuni. 11 Ewe, zoba yintshontsho
kuni ; kwinyama yazo aniyi kudhla, ne-
zidumbu zazo niya kubala zona ngokuba
yintshontsho. 12 Zonke izinto ezingena-
mapiko nenkwetu emanzini, zona *zoba*
yintshontsho kuni.

13 Nezi ke niya kuzibala ngokuba yin-
tshontsho pakati kwentaka ; aziyi kudhli-
wa, ziyintshontsho : ukozi, nengqanga,
nonomakwezane, 14 nesanxa, nexalanga
ngemmilo yalo ; 15 bonke onomyai
ngemmilo yabo ; 16 nenneiniba, nonde-
beza, nogwidi, nonkloyiya ngemmilo yake,
17 nesikova, nokwalimanzi, nentsikizi,
18 nelowe, nennewangube, nengqo, 19 ne-
raside, uqimgqoshe ngemmilo yake, nobo-
boyi, nelulwane.

20 Zonke izinambuzane ezinamapiko,
ezihambayo ngamane *amanqina,* zoba
yintshontsho kuni. 21 Ezi noko ningazidhla
kuzo zonke izinambuzane ezinamapiko,
ezihambayo ngamane *amanqina,* ezinen-
tungo ngapezu kwamanqina azo, kuze
kutsitywe ngazo emhlabeni ; 22 ezi kuzo
ningazidhla : inkumbi ngemmilo yayo,
nesiboto ngemmilo yaso, nomqikela ngem-
milo yawo, nomcikwane ngemmilo yawo.
23 Kodwa zonke *ezinnye* izinambuzane ezi-
namapiko ezinamanqina mane, zoba yintsho-
ntsho kuni. 24 Nezi niya kuncoliswa nga-
zo ; osukuba ecukumisa isidumbu sazo woba
encolile kude kuhlwe. 25 Kanjalo osu-
kuba etwele *into* yesidumbu sazo, uya ku-
hlanza izivato zake, abe encolile kude
kuhlwe.

26 Zonke izilo ezahlulayo upupu, kanti
azilucandi kubini, zingahlafuni umtyiso
kanjako, *izidumbu* zazo zincolile kuni : osu-
kuba ezicukumisa woba encolile. 27 Nazo
zonke ezihambayo ngezandhla zazo pakati
kwazo zonke izinto ezipilileyo eziha-
mbayo ngamane *amanqina,* ezo zinco-
lile kuni : osukuba ecukumisa isidumbu
sazo woba encolile kude kuhlwe. 28 No-
tweleyo isidumbu sazo yena wohlanza
izivato zake, abe encolile kude kuhlwe;
zincolile zona kuni.

29 Ezi nazo zoba zincolile kuni pakati
kwezinambuzane ezinambuzelayo pezu
kwomhlaba : intuku, nempuku, noxami
ngemmilo yake, 30 nequngequ, noxebeyi,
necilitshe, noroqotyeni, nolovane. 31 Ezi
ke zincolile kuni pakati kwezinto zonke
ezinambuzelayo : osukuba ezicukumisa, za-
kuba zifile, woba encolile kude kuhlwe.
32 Kanjako konke iya kuwa pezu kwako
*ennye* kuzo, yakuba ifile, kwoba kuncolile ;
nokuba yennye impahla yomti, umhla-
umbi sisivato, umhlaumbi yintsuba, um-
hlaumbi yinnxowa, *umhlaumbi* yennye
impahla ekwenziwa umsebenzi ngayo,
iya kungeniswa emanzini, ibe incolile
kude kuhlwe ; yandule icokiseke. 33 Na-
zo zonke impahla zodongwe, iya kwe-
yela pakati kwazo *ennye* kuzo, konke
okupakati kwazo kwoba kuncolile, nazo
zona noziqekeza. 34 Kuko konke uku-
dhla okudhlekayo, oko aya kuza pezu
kwako amanzi *anjalo,* kwoba kuncolile :
nalo lwonke uselo oluselekayo kuzo zonke
impahla *ezinjalo* lwoba luncolile. 35 Ka-
njako konke iya kuwa pezu kwako *into*
yesidumbu sazo, kwoba kuncolile ; *nokuba*
liziko, nokuba ngongxawo, baya kucitwa ;
bancolile, ngako boba bencolile kuni. 36
Noko umtombo, nomnxuma wokuhlanga-
nisana kwamanzi, woba ucocekile ; kodwa
lowo ucukumisayo isidumbu sazo woba enco-
lile. 37 Naxeshekweni iwayo *into* yesidumbu
sazo pezu kwembewu eyinklwayelelo, eza
kuhlwayelwa, yona yoba icocekile. 38 Ko-
dwa nxa kubekwa amanzi pezu kwembewu,
yandule *into* yesidumbu sazo iwe pezu
kwayo, yoba incolile leyo kuni.

39 Nokuya kufayo esinye isilo esidhle-
kayo kuni, ocukumisayo isidumbu saso
woba encolile kude kuhlwe. 40 Kanjalo
odhlayo kwisidumbu saso wohlanza izivato
zake, abe encolile kude kuhlwe ; nalowo
otweleyo isidumbu saso wohlanza izivato
zake, abe encolile kude kuhlwe.

41 Zonke izinambuzane ezinambuzelayo
pezu kwomhlaba zoba yintshontsho nazo ;
aziyi kudhliwa. 42 Konke okuhambayo



University of Fort Hare

ngesisu, nako konke okuhambayo nga-
mane *amanqina*, nako konke okumanqina
maninzi, pakati kwazo zonke izinambuzane
ezinambuzelayo pezu kwomhlaba, aniyi
kukudhla; ngokuba kuyintshontsho.
43 Aniyi kudhlubukisa imipefumlo yenu
ngasinye isinambuzane esinambuzelayo;
aniyi kuzincolisa ngazo kanjako, ukuba
nibe nincolile ngazo. 44 Ngokuba mina
ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu: kukona niya
kuzingcwalisa, nibe ngcwele, ngokuba
ndingcwele mina; kanjalo aniyi kunco-
lisa imipefumlo yenu ngasinye isinambu-
zane esinambuzelayo pezu kwomhlaba.
45 Ngokuba mina ndiNGUYEHOVA, oninyu-
sayo ezweni le-Jipete, ndize ndibe NGU-
TIXO wenu; kukona niya kuba ngcwele,
ngokuba ndingcwele mina.
46 Nguwo lo umteto wezilo, nowentaka,
nowazo zonke izinto ezinokudhliwa kwo-
bomi ezishukumayo emanzini, nowazo
zonke izinambuzane ezinambuzelayo pezu
kwomhlaba; 47 kuze kwenzwe ukwahluka
pakati kwokuncolileyo nokucocekileyo,
napakati kwesilo esidhlekayo nesilo esi-
ngadhlekiyo.

12 WABUYA wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli,
usiti: Umfazi nxa akaulileyo, wazala in-
kwenkwe, woba encolile imihla ibe 'si-
xenxe; njengasemihleni yokwahlukanela
isifo sake woba encolile. 3 Nangowesi-
bozo umhla iya kwaluswa innyama yejwa-
bu layo. 4 Uya kwandula ahlale egazini
lokucokiswa kwake imihla ibe ngamashu-
mi matatu anesitatu; konke okungcwele
akayi kukucukumisa, neyingcwele *indawo*
akayi kungena kuyo, kude kuzalisekiswe
imihla yokucokiswa kwake. 5 Kodwa
ukuba uzele inkazana woba encolile iveki
zibe 'mbini, njengasekwahlukaneni kwake;
andule ahlale egazini lokucokiswa kwake
imihla ibe ngamashumi matandatu anesi-
tandatu.
6 Woti kwakuzalisekiswa imihla yoku-
cokiswa kwake, ngennxa yonyana, umhla-
umbi ngennxa yentombi, andule azise im-
vana yomnyaka 'munye ibe lidini loku-
tshiswa, netole lezuba, umhlaumbi ihobe,
libe lidini lesono, elucangweni lwentente
yenklangano, kumperisite: 7 oya kuyini-
kela ebusweni BUKAYEHOVA, amenzele uxo-
liso; aze acokiswe etonjeni legazi lake.
Nguwo lo umteto walowo uzeleyo inkwe-
nkwe, umhlaumbi inkazana. 8 Kodwa
ukuba isandhla sake asifumani okwanele
imvana, makatabate amahobe abe mabini,
umhlaumbi amatole ezuba abe mabini,
elinye libe leledini lokutshiswa, elinye
libe leledini lesono; ati umperisite ame-
nzele uxoliso, abe yena ecokisekile.

13 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-
Mosesi naku-Arone, esiti: 2 Umntu
xeshekweni anokudumba, umhlaumbi si-
silonda, umhlaumbi lityakuva elikazi-
mlayo, enklonzeni yennyama yake, eli-
fanel' ukuba sisibulawa sesilepero enklo-
nzeni yennyama yake, uya kwandula
aziswe ku-Arone umperisite, umhlaumbi
komnye konyana bake abaperisite. 3 Waye
umperisite eya kukangela isibulawa esisen-
klonzeni yennyama; kekaloku, *nxa* ziguqu-
lwe innwele esibulaweni zaba mhlope, na-
*nxa* isibulawa sinzulu kuyo inklonze yen-
nyama yake ukubonakala kwaso, sisisibu-
lawa sesilepero sona: andule ati umperi-
site akumkangela, axele ukuba uncolile.
4 Kodwa ukuba ityakuva elikazimlayo
limhlope enklonzeni yennyama yake, no-
kuba alinzulu kuyo inklonze ukubonakala
kwalo, nokuba aziguqulwe innwele zalo
zaba mhlope, woti umperisite amtshixele
onesibulawa imihla ibe 'sixenxe. 5 Waye
umperisite eya kumkangela ngomhla we-
sixenxe: ukuba, kekaloku, isibulawa site
nqumama emehlweni ake, *nokuba* asitwa-
bulukanga isibulawa enklonzeni, wobuya
umperisite amtshixele imihla ibe 'sixenxe
ngokwesibini. 6 Woza umperisite amka-
ngele ngomhla wesixenxe ngokwesibini:
ukuba, kekaloku, isibulawa simncumevu,
*nokuba* asitwabulukanga isibulawa enklo-
nzeni, umperisite uya kuxela ukuba uco-
cekile; sisilonda *kodwa;* waeya kuhlanza
izivato zake, abe ecokisekile. 7 Kanti
ukuba isilonda sesitwabulukile enklonzeni,
emveni kwokubonakaliswa kwake kumpe-
risite ngennxa yokucokiswa kwake, wo-
bonakaliswa ngokwesibini kumperisite.
8 Ukuba umperisite uyabona ukuba nasi
isilonda sitwabulukile enklonzeni, woti
umperisite axele ukuba uncolile; sisile-
pero sona.
9 Xeshekweni isibulawa sesilepero si-
semntwini, uya kwandula aziswe kumperi-
site. 10 Ukuba umperisite uya kubona
ukuba nanku ukudumba okumhlope enklo-
nzeni, okuguqule innwele zibe zimhlope,



University of Fort Hare

nokuba kuko ibala lennyama erwada eku-
dumbeni ; 11 sisilepero esidala sona enklo-
nzeni yennyama yake ; kukona umperisite
aya kuxela ukuba uncolile : akayi kum-
tshixela, ngokuba encolile yena. 12 Na-
xeshekweni kujadukayo kakulu isilepero
enklonzeni, siti isilepero sigubungele
yonke inklonze yonaso esosibulawa, kwa
senkloko yake kude kube sezinnyaweni
zake, njengako konke ukubona kwamehlo
omperisite ; 13 woti umperisite, akubona
ukuba nasi isilepero sigubungele yonke
innyama yake, andule axele ukuba uco-
cekile onesibulawa : siguqulwe saba si-
mhlope sipela : ucocekile yena. 14 Kodwa
mhlana ibonakalayo kuye innyama erwa-
da, woba encolile. 15 Woti umperisite
akubona lonnyama erwada, axele ukuba
uncolile ; leyonnyama erwada incolile ;
sisilepero sona. 16 Naxeshekweni ku-
buya kujike lonnyama erwada, ide igu-
qulwe ibe mhlope, uya kwandula eze
kumperisite. 17 Woti umperisite akum-
bona, ukuba nasi isibulawa siguqulwe
saba mhlope, andule axele umperisite
ukuba ucocekile lowo onesibulawa : uco-
cekile yena.

18 Kanjalo innyama, ebekukuyo in-
klonze yayo itumba, elipolisiweyo ;
19 nekuya kubako *kuyo* endaweni yetu-
mba ukudumba okumhlope, umhlaumbi
ityakuva elikazimlayo, limhlope, libomvu-
ra ; yobonakaliswa yona kumperisite.
20 Ukuba umperisite uyabona ukuba nali
linzulu kuyo inklonze ukubonakala kwa-
lo, nokuba ziguqulwe innwele zalo zaba
mhlope, uya kuxela umperisite ukuba
uncolile : sisibulawa sesilepero, sijadu-
kile ngetumba. 21 Kanti xeshekweni
umperisite aya kulibona, ukuba kekaloku
akuko kulo innwele ezimhlope, nokuba
alinzulu kuyo inklonze, kodwa limncu-
mevu, woti umperisite amtshixele imihla
ibe 'sixenxe. 22 Kwandul' ukuti, ukuba
liyatwabuluka kakulu enklonzeni, kuxele
umperisite ukuba uncolile : sisibulawa.
23 Kodwa ukuba ityakuva elikazimlayo
liti nqumama endaweni yalo, lingatwabu-
luki nje, lukoko lwetumba ; waye umpe-
risite eya kuxela ukuba ucocekile.

24 Nennyama nxa kukuyo inklonze
yayo isitsha somlilo, na*nxa* ibala lesitsha
eso lilityakuva elikazimlayo, limhlope, li-
bomvura, umhlaumbi limhlope *kanye ;*
25 woza umperisite ayikangele : ukuba
kekaloku ziguqulwe innwele zaba mhlope
kulo ityakuva elikazimlayo, nokuba linzulu
kuyo inklonze ukubonakala kwalo, sisilepe-
ro, sijadukile ngesitsha ; kukona umperisite
aya kuxela ukuba uncolile : sisibulawa se-
silepero. 26 Kanti xeshekweni umperi-
site aya kulibona, ukuba kekaloku akuko
'nnwele ezimhlope kulo ityakuva elikazi-
mlayo, nokuba alinzulu kuyo inklonze,
kodwa limncumevu, woti umperisite
amtshixele imihla ibe sixenxe. 27 Uya
kubuya umperisite amkangele ngomhla
wesixenxe : ukuba litwabulukile kakulu
enklonzeni, uya kwandula umperisite
axele ukuba uncolile : sisibulawa sesile-
pero. 28 Kodwa ukuba ityakuva elikazi-
mlayo liti nqumama endaweni yalo, linga-
twabuluki enklonzeni nje, kodwa limncu-
mevu, kukudumba kwesitsha ; kukona
umperisite aya kuxela ukuba ucocekile ;
ngokuba lukoko lwesitsha.

29 Kanjako indoda, umhlaumbi umfazi,
nxa kukuyo isibulawa pezu kwenkloko,
umhlaumbi pezu kwodevu ; 30 woza um-
perisite akangele isibulawa eso : ukuba
kekaloku sinzulu kuyo inklonze ukubo-
nakala kwaso, nokuba *kuko* pezu kwaso
innwele ezilubelu ezinncinane, woti um-
perisite axele ukuba incolile : lukwekwe,
sisilepero senkloko umhlaumbi sesodevu.
31 Kodwa xeshekweni umperisite abona
isibulawa sokwekwe, ukuba kekaloku asi-
nzulu kuyo inklonze ukubonakala kwaso,
nokuba innwele ezimnyama aziko kuso,
woti umperisite amtshixele onesibulawa
sokwekwe imihla ibe 'sixenxe. 32 A-
ndule abuye umperisite akangele isibu-
lawa eso ngomhla wesixenxe : ukuba
kekaloku alutwabuluki ukwekwe, no-
kuba aziko kulo innwele ezilubelu, no-
kuba ukwekwe alunzulu kuyo inklo-
nze ukubonakala kwalo ; 33 uya kugu-
gulwa yena, kanti ukwekwe akayi ku-
lugugula ; aze ati umperisite amtshixele
onokwekwe imihla ibe sixenxe ngokwe-
sibini. 34 Andule abuye umperisite a-
kangele ukwekwe ngomhla wesixenxe :
ukuba kekaloku ukwekwe alutwabuluki
enklonzeni, nokuba alunzulu kuyo inklo-
nze ukubonakala kwalo, woti umperisite
axele ukuba ucocekile ; waeya kuhlanza
izivato zake, abe ecokisekile. 35 Kodwa
ukuba ukwekwe liyatwabuluka kakulu
enklonzeni, emveni kwokucokiswa kwake ;
36 wobuya umperisite amkangele : ukuba



University of Fort Hare

kekaloku ukwekwe lutwabulukile enklo-
nzeni, umperisite akayi kugqalela innwele
ezilubelu; selencolile yena. 37 Kodwa
ukuba emehlweni ake ukwekwe lute nqu-
mama, nokuba innwele ezimnyama ziku-
lile pezu kwalo; selupilisiwe ukwekwe
olo, ucocekile yena: kukona umperisite
aya kuxela ukuba ucocekile.

38 Kanjako indoda, umhlaumbi umfazi,
anxa kukuyo inklonze yennyama yabo a-
matyakuva akazimlayo, kwa amatyakuva
akazimlayo amhlope; 39 woza umperisite
akangele: ukuba kekaloku kuko enklonzeni
yennyama yabo amatyakuva amhlope-
mncumevu; ligxuba elimhlope elijaduki-
leyo enklonzeni; ucocekile onjalo.

40 Nendoda nxa inkloko yayo igudile,
yona iyinqai, icocekile *noko*. 41 Naxe-
shekweni kungasecaleni lobuso inkloko
yayo igudile, iyinqai ebunzini, icocekile
*noko*. 42 Kodwa xeshekweni kuko ebunqa-
yini benkloko, umhlaumbi ebunqayini be-
bunzi, isibulawa esimhlope-bomvura; sisile-
pero esijadukileyo ebunqayini benkloko
yayo, umhlaumbi ebunqayini bebunzi layo.
43 Woza umperisite asikangele: ukuba
kekaloku ukudumba kwesosibulawa ku-
mhlope-bomvura ebunqayini benkloko
yayo, umhlaumbi ebunqayini bebunzi
layo, njengokubonakala kwaso isilepero
senklonze yennyama; 44 iyindoda elile-
peri yona, incolile: umperisite uya kuxela
ukuba incolile kanye; isibulawa sayo
sisenkloko yayo.

45 Neleperi ekukulo isibulawa eso,
izivato zalo zoba zirazukile, nenkloko yalo
yoba ihlubulukile, nembovu *yalo* loyigu-
bungela; laliya kudanduluka *ngokuti:*
Ndincolile, ndincolile! 46 Yonke imihla
ekuya kubako kulo esisibulawa, loba li-
ncolile; lincolile lona: liya kuhlala lodwa;
kwoba ngapandhle kwomnquba ukuhlala
kwalo.

47 Kanjako isivato ekukuso isibulawa se-
silepero, *nokuba* sisesivatweni soboya, noku-
ba sisesivatweni seqiya; 48 nokuba siko-
kwoluliweyo, nokuba sikokunqanyulezisi-
weyo, ngeqiya umhlaumbi ngoboya; nokuba
siseluswini, nokuba sikwelinye isetyenzwa
lolusu; 49 nxa isibulawa eso siluhlazara, um-
hlaumbi sibomvura, esivatweni, umhlaumbi
eluswini, nokuba sikokwoluliweyo, noku-
ba sikokunqanyulezisiweyo, umhlaumbi
kwennye into yolusu; sisibulawa sesilepero
sona: ngako siya kubonakaliswa kumperisi-
te. 50 Woti umperisite akangele isibulawa;
andule akutshixele okunesibulawa imihla
ibe 'sixenxe. 51 Wobuya akangele isibu-
lawa ngomhla wesixenxe: ukuba isibulawa
sitwabulukile esivatweni, nokuba sikokwo-
luliweyo, nokuba sikokunqanyulezisiweyo,
umhlaumbi eluswini, *umhlaumbi* kwelinye
isetyenzwa elenziweyo ngolusu; isibulawa
eso sisilepero esidhlayo; sincolile. 52 Ku-
kona aya kutshisa isivato eso, umhlaumbi
oko kwoluliweyo, umhlaumbi oko kunqa-
nyulezisiweyo, okwoboya umhlaumbi
okweqiya, umhlaumbi ennye into yolusu
ekukuyo isibulawa eso: ngokuba sisilepero
esidhlayo; siya kutshiswa ngomlilo.

53 Kodwa xeshekweni umperisite aya
kubona, ukuba kekaloku isibulawa asitwa-
bulukanga esivatweni, nakoko kwoluliweyo,
nakoko kunqanyulezisiweyo, umhlaumbi
kwennye into yolusu; 54 woti umperisite
axele ukuba kuhlanzwe l*onto* isibulawa
sikuyo, andule ayitshixele imihla ibe
'sixenxe ngokwesibini. 55 Nxa umperi-
site, emveni kwokuhlanzwa *kwayo*, aya ku-
bona isibulawa, ukuba kekaloku isibula-
wa asiguqukanga ukubonakala kwaso, no-
kuba isibulawa asitwabulukanga; incolile
yona; uya kuyitshisa ngomlilo: idhle-
kile pakati, *nokuba* icucekile kwelasemva
icala, nokuba icucekile kwelapambili.
56 Naxeshekweni aya kubona umperisite,
ukuba kekaloku isibulawa simncumevu
emveni kwokuhlanzwa kwaso; uya kwa-
ndula asirazule esivatweni, umhlaumbi
eluswini, umhlaumbi kokwoluliweyo,
umhlaumbi kokunqanyulezisiweyo. 57 U-
kuba kodwa sisabonakala esivatweni, no-
kuba sikokwoluliweyo, nokuba sikoku-
nqanyulezisiweyo, umhlaumbi kwennye
into yolusu; *sisilepero* esijadukayo; uya
kutshisa oko isibulawa sikuko ngomlilo.
58 Kanti isivato, umhlaumbi okwoluli-
weyo, umhlaumbi okunqanyulezisiweyo,
umhlaumbi ennye into yolusu, kwa oko
kusukuba uya kuhlanza kona, ukuba isi-
bulawa simkile kuko, kwohlanzwa ngo-
kwesibini, kuze kube kucokisekile.

59 Nguwo lo umteto wesibulawa sesile-
pero sesivato soboya, umhlaumbi seseqiya,
umhlaumbi sesokwoluliweyo, umhlaumbi
sesokunqanyulezisiweyo, umhlaumbi sen-
nye into yolusu, wokuba kuxelwe ukuti sico-
cekile, umhlaumbi kuxelwe ukuti sincolile.

14 Wateta kanjako UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Nguwo lo oya kuba ngumteto



University of Fort Hare

weleperi ngomhla wokucokiswa kwalo:
Lona liya kuziswa kumperisite: 3 wae-
ya kupuma umperisite aye ngapandhle
kwomnquba; aze ati umperisite, akubona
ukuba kekaloku isibulawa sesilepero
sipilisiwe kulo ileperi, 4 andule axele
umperisite, ukuba kutatyatelwe lowo oya
kucokiswa intakana zibe mbini, ezipilileyo,
ezicocekileyo, nomti wesedare, nesibomvu,
nehisope; 5 abuye axele umpersite, uku-
ba kuxèlwe ennye intakana empandeni
wodongwe pezu kwamanzi elayo. 6 Epili-
leyo intakana uya kutabata yona, nomti
wesedare, nesibomvu, nehisope, aze azi-
fake ezi*zinto* nentakana epilileyo egazini
lentakana exèliweyo pezu kwamanzi elayo.
7 Waeya kuti fefe pezu kwalowo oya
kucokiswa esilepereni amaxesha asixenxe,
axele ukuba ucokisekile, nentakana epilile-
yo woyindululela ngasendhle.

8 Nalowo oya kucokiswa yena uya
kuhlanza izivato zake, agugule zonke
innwele zake, ahlambe emanzini, aze abe
ecokisekile: woti emveni kwoko angene
emnqubeni; kodwa uya kuhlala ngapa-
ndhle kwentente yake imihla ibe 'sixe-
nxe. 9 Kwakuya kuti ngomhla wesixe-
nxe, uya kugugula zonke innwele zake,
inkloko yake, nodevu lwake, namashiyi
ake; kwa zonke innwele zake uya kuzi-
gugula: waeya kuhlanza izivato zake,
ayihlambe innyama yake ngamanzi, aze
abe ecokisekile.

10 Nangomhla wesibozo uya kutabata
imvana ezimsulwa zibe 'mbini, nemvana-
kazi ibe 'nnye yomnyaka 'mnye emsulwa,
nezeshumi iziqingata zibe zitatu zeyefa
yomgubo ocolekileyo, ube ngumnikelo
wokudhla, unyeliwe ngeoli, neloge ibe
'nnye yeoli. 11 Waeya kuti umperisite
ocokisayo amise indoda eya kucokiswa,
nezi*zinto*, pambi KWOYEHOVA, elucangweni
lwentente yenklangano. 12 Andule um-
perisite atabate ennye imvana, ayinikele
ibe lidini letyala, kunye nayo iloge yeoli;
aze azishukushukumise zibe ngumnikelo
wokushukushukunyiswa ebusweni BUKA-
YEHOVA. 13 Waeya kuxèla imvana leyo
endaweni apo kuxèlwa kona idini lesono
nedini lokutshiswa, endaweni eyingewele:
ngokuba njengedini lesono linjalo idini
letyala, lelomperisite; liyinto eyingewele-
kazi lona. 14 Waye umperisite eya ku-
capula egazini ledini letyala, aze umpe-
risite alibeke pezu kwesitinzi seyokunene
indhlebe yalowo oya kucokiswa, napezu
kwesitupa sesokunene isandhla sake, nape-
zu kwobontsi wolwokunene unyawo lwake.
15 Andule umperisite acapule kuyo iloge
yeoli, ayigalele kwesokohlo isandhla som-
perisite. 16 Aze umperisite afake owo-
kunene umnwe wake kuyo ioli ekweso-
kohlo isandhla sake, asasaze kuleoli ngom-
nwe wake amaxesha abe 'sixenxe pambi
KWOYEHOVA. 17 Nakulo iliva leoli esesa-
ndhleni sake, umperisite wobeka pezu
kwesitinzi seyokunene indhlebe yalowo
oya kucokiswa, napezu kwesitupa seso-
kunene isandhla sake, napezu kwobontsi
wolwokunene unyawo lwake, pezu kwe-
gazi lalo idini letyala. 18 Neseleyo kuyo
ioli esesandhleni somperisite woyigalela
pezu kwenkloko yalowo oya kucokiswa;
ade umperisite amenzele uxoliso ebusweni
BUKAYEHOVA. 19 Woti kanjalo umperisite
anikele idini lesono, enze uxoliso ngennxa
yalowo oya kucokiswa ekuncoleni kwake;
andule axèle nedini lokutshiswa. 20 Elodini
lokutshiswa umperisite uya kunikela lona
nomnikelo wokudhla pezu kwesibingelo;
waye umperisite eya kumenzela uxoliso,
aze abe ecokisekile.

21 Ukuba kodwa ulihlwempu yena,
isandhla sake singenakufikela *okungaka*
nje, makatabate imvana ibe 'nnye ibe
lidini letyala, kushukushukunyiswe, kuze
kumenzelwe uxoliso; kwa neseshumi
isiqingata sibe sinye *seyefa* yomgubo oco-
lekileyo, unyeliwe ngeoli, ube ngumnikelo
wokudhla, neloge yeoli; 22 namahobe
abe mabini, umhlaumbi amatole ezuba abe
mabini, lawo isandhla sake sinokuwafikela;
eliya kuti elinye libe lidini lesono, nelinye
libe lidini lokutshiswa. 23 Waeya kuzisa
ezo*zinto* ngowesibozo umhla wokucokiswa
kwake kumperisite, elucangweni lwentente
yenklangano, pambi KWOYEHOVA. 24 Woti
umperisite atabate imvana yedini letyala,
neloge yeoli; aze umperisite azishukushu-
kumise zibe ngumnikelo wokushukushu-
kunyiswa pambi KWOYEHOVA. 25 Waeya
kuxèla imvana yedini letyala; andule
umperisite acapule egazini ledini letyala,
alibeke pezu kwesitinzi seyokunene
indhlebe yalowo oya kucokiswa, napezu
kwesitupa sesokunene isandhla sake, na-
pezu kwobontsi wolwokunene unyawo
lwake. 26 Nennxennye yeoli leyo umpe-
risite woyigalela kwesokohlo isandhla
somperisite. 27 Andule umperisite asa-



University of Fort Hare

saze ngowokunene umnwe wake, kuyo
ioli ekwesokohlo isandhla sake, amaxesha
abe 'sixenxe pambi KWOYEHOVA. 28 Aze
umperisite abeke kuyo ioli esesandhleni
sake pezu kwesitinzi seyokunene indhlebe
yalowo oya kucokiswa, napezu kwesitupa
sesokunene isandhla sake, napezu kwo-
bontsi wolwokunene unyawo lwake, pezu
kwendawo yegazi ledini letyala. 29 Ne-
seleyo kuyo ioli esesandhleni somperisite
woyibeka pezu kwenkloko yalowo oya
kucokiswa, kuze kumenzelwe uxoliso pa-
mbi KWOYEHOVA. 30 Waeya kunikela
elinye kuwo amahobe, umhlaumbi kuwo
amatole ezuba, kulawo isandhla sake sino-
kuwafikela; 31 kwa *ku*lawo isandhla sake
sinokuwafikela *wonikela* elinye libe lidini
lesono, nelinye libe lidini lokutshiswa,
kunye nomnikelo wokudhla; aze umpe-
risite enze uxoliso ngennxa yalowo oya
kucokiswa pambi KWOYEHOVA.

32 Nguwo lo umteto wokukuye isibula-
wa sesilepero, osandhla sake singenakufi-
kela *okukulu* ekucokisweni kwake.

33 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi
naku-Arone, esiti: 34 Xeshekweni niya
kufika elizweni le-Kanane, endinipa lona
libe yimfuyo, ndize ndibeke isibulawa
sesilepero endhlwini yaselizweni lemfuyo
yenu; 35 makeze lowo indhlu iyeyake,
ashumayele kumperisite, esiti: Kubonakala
kumi njengokungati sisibulawa endhlwini.
36 Waye umperisite eya kuxela ukuba
balungise leyondhlu, engekangeni umpe-
risite ukuza kukangela esosibulawa, ukuze
kungancoliswa konke okusendhlwini: woti
umperisite emveni kwoko, angene ukuza
kukangela leyondhlu. 37 Nxa abonayo
isibulawa, ukuba nasi isibulawa sisezin-
dongeni zendhlu, inklambo ezilubhlazara
umhlaumbi ezibomvura, ezibenileyo kulo
udonga ukubonakala kwazo; 38 woti
umperisite apume endhlwini aye eluca-
ngweni lwendhlu, aze ayitshixe leyondhlu
imihla ibe 'sixenxe. 39 Andule abuye
umperisite ngomhla wesixenxe, akangele:
ukuba kekaloku isibulawa eso sitwabulu-
kile ezindongeni zalondhlu; 40 umperi-
site uya kuxela ukuba kurolwe lamatye
isibulawa sikuwo, nokuba kuposwe wona
ngapandhle kwesixeko, endaweni encoli-
leyo. 41 Nendhlu leyo uya kwenza ukuba
bayirwele pakati ngento engqongayo,
notuli balurwelileyo bolugalela ngapa-
ndhle kwesixeko, endaweni encolileyo.
42 Bandule batabate amatye wambi, ba-
wangenise esikundhleni samatye lawo;
kwotatyatwa nodaka lumbi, kutyatyekwe
indhlu leyo. 43 Kodwa ukuba siyabuya
size isibulawa, sijaduke kulondhlu, emveni
kwokurolwa kwamatye, nasemveni kwo-
kurwelwa kwendhlu, nasemveni kwoku-
tyatyekwa kwayo; 44 woza umperisite
akangele: ukuba kekaloku sesitwabulu-
kile isibulawa endhlwini, sisilepero esi-
dhlayo kulondhlu; incolile yona. 45 Ku-
kona kuya kucitwa leyondhlu, amatye
ayo, nemiti yayo, nalo lwonke udaka lwen-
dhlu; yokutshelwa pandhle kwesixeko,
endaweni encolileyo. 46 Kanjako onge-
nayo kulondhlu ngayo yonke imihla yoku-
tshixwa kwayo, woba encolile yena kude
kuhlwe. 47 Nolele pantsi kulondhlu yena
uya kuhlanza izivato zake; nalowo utyayo
kulondhlu, wohlanza izivato zake naye.

48 Kodwa nxa abuya angene umperisite,
abone ukuba kekaloku isibulawa asitwa-
bulukanga endhlwini, emveni kwokutya-
tyekwa kwayo; woti umperisite axele ukuba
icocekile leyondhlu, ngokuba sesipilisiwe
isibulawa eso. 49 Andule atabatele uku-
hlanjululwa kwalondhlu intakana zibe
'mbini, kwa nomti wesedare, nesibomvu,
nehisope. 50 Waeya kuxèla ennye intakana
empandeni wodongwe, pezu kwamanzi ela-
yo. 51 Aze atabate lomti wesedare, nehi-
sope, nesibomvu, nentaka epilileyo, azifake
ez*onto* egazini layo intaka exèliweyo, nase-
manzini elayo, ayisasaze indhlu amaxesha
abe 'sixenxe. 52 Waeya kuhlambulula le-
yondhlu ngegazi lentakana, nangalamanzi
elayo, nangentakana epilileyo, nangalomti
wesedare, nangehisope, nangesibomvu:
53 nentakana epilileyo uya kuyindululela
pandhle kwesixeko, ezindhle: kwa njalo
uya kwenzela leyondhlu uxoliso, ize ibe
icokisekile.

54 Nguwo lo umteto ngazo zonke izi-
bulawa zesilepero, nezokwekwe; 55 na-
ngaso isilepero sesivato, nesendhlu; 56 na-
ngokudumba, nangesilonda, nangetyakuva
elikazimlayo; 57 kuze kufundiswe nxa
*into* incolile, nanxa *into* icocekile. Lo
ungumteto wesilepero.

15 WATETA kanjako UYEHOVA ku-Mosesi
naku-Arone, esiti: 2 Tetani nosapo
luka-Sirayeli, niti kulo: Indoda esukuba
inegqita lipuma ennyameni yayo, incolile
yona *ngennxa* yegqita layo. 3 Oku kwoba



University of Fort Hare

kukuncola kwayo ngennxa yegqita layo:
nokuba innyama yayo iyavuza igqita
layo, nokuba innyama yayo ivingciwe
ligqita layo, kukuncola kwayo oko. 4 Yo-
nke imandhlalo, alele pezu kwayo lowo
unegqita, incolile; nazo zonke izinto,
ahleli pezu kwazo, zincolile. 5 Kanjalo
osukuba ecukumisa umandhlalo wake, uya
kuhlanza izivato zake, ahlambe emanzini,
abe encolile kude kuhlwe. 6 Nalowo
ohlala pezu kwento, ate lowo unegqita
wahlala pezu kwayo, uya kuhlanza izivato
zake, ahlambe emanzini, abe encolile kude
kuhlwe. 7 Nalowo ocukumisa innyama
yake onegqita, uya kuhlanza izivato zake,
ahlambe emanzini, abe encolile kude
kuhlwe. 8 Naxeshekweni lowo unegqita
amtshicela ococekileyo, uya kwandula
yena ahlanze izivato zake, ahlambe ema-
nzini, abe encolile kude kuhlwe. 9 Kanjalo
zonke izidwashu, akweleyo pezu kwazo
lowo unegqita, zoba zincolile. 10 Nosu-
kuba ecukumisa ennye into ebingapantsi
kwake, woba encolile kude kuhlwe; na-
lowo otwele *ezozinto*, uya kuhlanza izivato
zake, ahlambe emanzini, abe encolile kude
kuhlwe. 11 Kanjalo lowo asukuba emcu-
kumisile onegqita, engekayalazanga iza-
ndhla zake ngamanzi, yena uya kuhlanza
izivato zake, ahlambe emanzini, abe enco-
lile kude kuhlwe. 12 Nompanda wodo-
ngwe, awucukumisileyo lowo unegqita,
wona uya kuqekezwa; kanti yonke imi-
panda yemiti yoyalazwa ngamanzi. 13 Wa-
eya kuti onegqita, nxa acokiswayo egqiteni
lake, andule azibalele imihla isixenxe
ibe yeyokucokiswa kwake, aze ahlanze
izivato zake, ahlambe innyama yake nga-
manzi elayo, abe ecokisekile. 14 Na-
ngomhla wesibozo wozitabatela amahobe
emabini, umhlaumbi amatole ezuba ema-
bini, eze *nawo* pambi KWOYEHOVA ngaselu-
cangweni lwentente yenklangano, awanike
kumperisite. 15 Andule umperisite awa-
nikele, elinye libe lidini lesono, nelinye
libe lidini lokutshiswa; kwa njalo umperi-
site uya kumenzela uxoliso ebusweni BU-
KAYEHOVA ngennxa yegqita lake.
16 Kanjako indoda, nxa kupuma kuyo
imbewu yokulala, yosuka ihlambe yonke
innyama yayo ngamanzi, ibe incolile kude
kuhlwe. 17 Kwa zonke izivato, nazo
zonke izintsu, ekupezu kwazo imbewu yo-
kulala, ziya kuhlanzwa ngamanzi, zibe
zincolile kude kuhlwe. 18 Nomfazi ya-
kulala naye indoda inembewu yokulala,
bohlamba emanzini *bobabini*, babe benco-
lile kude kuhlwe.
19 Kanjako umfazi, nxa anegqita, lile-
legazi igqita lake ennyameni yake, woba
yimihla isixenxe ekwahlukaneni kwake:
osukuba emcukumisa woba encolile kude
kuhlwe. 20 Konke alele pezu kwako
ekwahlukaneni kwake, kwoba kuncolile;
nako konke ahleli pezu kwako, kwoba
kuncolile. 21 Osukuba ecukumisa uma-
ndhlalo wake, uya kuhlanza izivato zake,
ahlambe emanzini, abe encolile kude ku-
hlwe. 22 Nosukuba ecukumisa ennye into
abehleli pezu kwayo, uya kuhlanza izivato
zake, ahlambe emanzini, abe encolile kude
kuhlwe. 23 Nokuba lipezu kwomandhla-
lo, nokuba lipezu kwento abehleli pezu
kwayo, woti akulicukumisa, abe encolile
kude kuhlwe. 24 Ukuba kanjalo indoda
ika ilale naye, kuze kube pezu kwayo uku-
ncola kwake, yona yoba incolile imihla isi-
xenxe; nomandhlalo isukuba ilele pezu
kwawo, woba uncolile nawo.
25 Naxeshekweni umfazi anokupuma
kwegqita legazi lake imihla emininzi,
kwakungabiko ixesha lokwahlukana kwa-
ke, umhlaumbi nxa anegqita pezu kwelo-
kwahlukana kwake; yonke imihla yegqita
lokuncola kwake, njengasemihleni yokwa-
hlukana kwake, woba encolile. 26 Yonke
imandhlalo alala pezu kwayo ngayo yonke
imihla yegqita lake, yoba kuye njengoma-
ndhlalo wokwahlukana kwake; nento
zonke ahlala pezu kwazo zoba zincolile,
njengokuncola kwokwahlukana kwake.
27 Osukuba ecukumisa *ezozinto*, woba
encolile naye; kukona aya kuhlanza izi-
vato zake, ahlambe emanzini, abe enco-
lile kude kuhlwe. 28 Kodwa ukuba u-
cokisiwe egqiteni lake, uya kwandula azi-
balele imihla ibe 'sixenxe, ati kamva abe
ecokisekile. 29 Nangomhla wesibozo uya
kuzitabatela amahobe emabini, umhlaumbi
amatole ezuba emabini, aze awazise kum-
perisite, ngaselucangweni lwentente yen-
klangano. 30 Waye umperisite eya ku-
nikela elinye libe lidini lesono, nelinye
libe lidini lokutshiswa; andule umperisite
amenzele uxoliso ebusweni BUKAYEHOVA,
ngennxa yegqita lokuncola kwake.
31 Niya kwenje njalo ukwahlukanisa
usapo luka-Sirayeli ekuncoleni kwalo; luze
lungabubi ngokuncola kwalo, lwakuncolisa
itabanakele yami epakati kwalo.



University of Fort Hare

32 Lo ungumteto walowo unegqita, no-
walowo kupuma kuye imbewu yokulala,
ade ancoliswe yiyo; 33 kwa nowomfazi
ofayo ekwahlukaneni kwake, nowalowo
opuma igqita, owendoda nowomfazi; no-
wendoda eleleyo nomfazi oncolileyo.

16 WAYE UYEHOVA wateta ku-Mosesi
emveni kwokububa kwonyana baka-
Arone ababini, bakusondela ebusweni BU-
KAYEHOVA, babuba ke; 2 waza wati UYE-
HOVA ku-Mosesi: Teta kumkuluwe wako
u-Arone, ukuba makangangeni ngamaxe-
sha onke kweyingcwele *indawo*, pakati
kwekuselo, ngapambi kwesihlalo sofefe,
esipezu kwayo ityeya, ukuze angafi; ngo-
kuba ndiya kubonakala ngelifu esihlalweni
sofefe. 3 Kwoba ngokunje u-Arone aya
kungena kweyingcwele *indawo:* enenku-
nzana elitole lenkomo ibe lidini lesono,
nenkunzi yegusha ibe lidini lokutshiswa.
4 Uya kwambata eyingcwele ihempe yeqi-
ya, nebrukwe yeqiya yoba pezu kwennyama
yake, noqwemesha weqiya wobinqa ngalo,
nonkontsho lweqiya woyisonga *enkloko:*
zizivato ezingcwele ezi; kukona aya kuhla-
mba ngamanzi innyama yake, akuza-
mbata. 5 Nakuyo inklanganiso yosapo
luka-Sirayeli uya kwamkela amaxwana
ebokwe emabini, abe lidini lesono, nen-
kunzi yegusha innye, ibe lidini loku-
tshiswa.
6 Waye u-Arone eya kunikela inkunza-
na yedini lesono, leyo iyeyake, alwenze
uxoliso ngennxa yake nangennxa yendhlu
yake. 7 Andule atabate ibokwe zombini,
azimise pambi KWOYEHOVA, elucangweni
lwentente yenklangano. 8 Waye u-Arone
eya kwenza pezu kwebokwe zombini ama-
qashiso: elinye iqashiso libe leLIKAYEHO-
VA, nelinye iqashiso libe lelebokwe yoku-
mka. 9 Nebokwe ekuya kuwa pezu
kwayo iqashiso lokuba ibe yeKAYEHOVA,
makayisondeze u-Arone, enze ngayo idini
lesono. 10 Kodwa ibokwe, ekuya kuwa
pezu kwayo iqashiso lokuba ibe yibokwe
yokumka, iya kumiswa yona ipilile ebu-
sweni BUKAYEHOVA, ize yenzelwe uxoliso;
ukuba indululwe ibe yibokwe yokumka
ukuya enklango.
11 Waye u-Arone eya kusondeza inku-
nzana yedini lesono, leyo iyeyake, alwe-
nze uxoliso ngennxa yake nangennxa
yendhlu yake; aze ayixèle inkunzana
yedini lesono, leyo iyeyake. 12 Andule
atabate isiqumelo sizele ngamalahle omlilo
evela esibingelweni, pambi KWOYEHOVA,
nesiqumiso esimnandi, sicolekisiwe ngoku-
nqushwa, ngento ezalisa izandhla zake,
angenise *ezonto* pakati kwekuselo. 13 Ne-
siqumiso eso uya kusibeka pezu kwomlilo,
pambi KWOYEHOVA; ukuba ilifu lesiqumiso
lisibekele isihlalo sofefe esipezu kwaso
isinqìno, aze angafi. 14 Waeya kucapula
egazini lenkunzana, alisasaze ngomnwe
wake pezu kwesihlalo sofefe ngasempuma-
langa; nangapambi kwesihlalo sofefe uya
kusasaza amaxesha abe 'sixenxe kwelogazi
ngomnwe wake.
15 Uya kwandula axèle ibokwe yedini
lesono, leyo iyeyabantu, angenise igazi
layo pakati kwekuselo; aze enze ngegazi
elo, njengokuba enzile ngalo igazi lenku-
nzana, alisasaze pezu kwesihlalo sofefe,
nangapambi kwesihlalo sofefe. 16 Kanjako
uya kwenzela eyingcwele *indawo* uxoliso,
ngennxa yokuncola kwosapo luka-Sirayeli,
nangennxa yezigqito zalo ngazo zonke izo-
no zalo; uya kwenje njalo nakuyo intente
yenklangano, ehleliyo kulo pakati kwoku-
ncola kwalo. 17 Akuyi kubako namnye
umntu ententeni yenklangano, akungena
ukuza kulwenza uxoliso kweyingcwele
*indawo*, ade apume: wolwenje njalo uxoliso
ngennxa yake, nangennxa yendhlu yake,
nangennxa yawo wonke umhlambi wo-
Sirayeli. 18 Waeya kupuma aye esibi-
ngelweni, esipambi KWOYEHOVA, asenzele
uxoliso; ati kanjalo acapule egazini len-
kunzana, nasegazini lebokwe, alibeke pezu
kwempondo zesibingelo ngento engqo-
ngayo. 19 Andule asasaze pezu kwaso
kwelogazi ngomnwe wake amaxesha abe
'sixenxe, asicokise, asingcwalise ekunco-
leni kwosapo luka-Sirayeli.
20 Woti akugqiba ukuxolisela eyin-
gcwele *indawo*, nentente yenklangano,
nesibingelo, ayisondeze ibokwe epilileyo.
21 Waye u-Arone eya kulalisa izandhla
zake zozibini pezu kwenkloko yebokwe
epilileyo, axele pezu kwayo zonke inko-
hlakalo zosapo luka-Sirayeli, nazo zonke
izigqito zalo ngazo zonke izono zalo, azi-
beke pezu kwenkloko yebokwe, ayindu-
lule *yona* ngesandhla yendoda efaneleki-
leyo ukuya enklango. 22 Yoti ibokwe
leyo itwale pezu kwayo zonke inkohla-
kalo zalo, iye *nazo* elizweni elilubala:
yaiya kuyindulula ibokwe leyo *apo* en-
klango.



University of Fort Hare

23 Waeya kuza u-Arone angene ente-
nteni yenklangano, ahlube izivato zeqiya,
ezo abezambete ekungeneni kwake kwe-
yingewele *indawo*, azishiye kwa kona.
24 Andule ahlambe innyama yake nga-
manzi endaweni engcwele, azambate izi-
vato zake, abuye apume, anikele elake
idini lokutshiswa, nelabantu idini loku-
tshiswa, enze uxoliso ngennxa yake, na-
ngennxa yabantu. 25 Nenqata ledini le-
sono uya kutshisa lona pezu kwesibi-
ngelo.

26 Kanjalo lowo obeyindulula ibokwe
ibe yibokwe yokumka, uya kuhlanza izi-
vato zake, ahlambe innyama yake ngama-
nzi, ati emveni kwokunjalo abuye eze
emnqubeni. 27 Nenkunzana yedini le-
sono, nebokwe yedini lesono, elalite igazi
lazo langeniswa kuze kwenziwe uxoliso
kweyingcwele *indawo*, ziya kukutshelwa
ngapandhle kwomnquba; nezikumba za-
zo, nennyama yazo, nomswane wazo,
*ezonto* bozitshisa ngomlilo. 28 Nosukuba
ezitshisa yena uya kuhlanza izivato zake,
ahlambe innyama yake ngamanzi, ati
emveni kwokunjalo abuye eze emnqu-
beni.

29 Kwoba ngummiselwa ongunapakade
kuni *oku:* ngennyanga yesixenxe, ngo-
weshumi *umhla* wennyanga, niya kubande-
zela imipefumlo yenu, ningawenzi namnye
umsebenzi, *nokuba* ngozelweyo elizweni,
nokuba ngowasemzini opambukele pakati
kwenu. 30 Ngokuba ngomhla lowo *um-
perisite* eya kunenzela uxoliso, ukuba ni-
cokiswe, nize nibe nicokisekile kuzo zonke
izono zenu ebusweni BUKAYEHOVA. 31 Wo-
na woba yisabata yopumlo kuni, ukuba
nibandezele imipefumlo yenu: ngummi-
selwa ongunapakade. 32 Waye umperi-
site, lowo aya kumtambisa, kwa lowo aya
kuzalisa izandhla zake ukukonza ngobupe-
risite esikundhleni soyise, eya kulwenza
uxoliso: uya kuzambata izivato zeqiya,
izivato ezingcwele, 33 axolisele indawo
engcwele eyingcwele: waeya kuxolisela
ntentente yenklangano, nesibingelo; woxo-
lisela nabaperisite, nabo bonke abantu
bomhlambi, kanjalo. 34 Oku kwoba
ngummiselwa ongunapakade kuni, ukuba
kwenzelwe usapo luka-Sirayeli uxoliso,
ngennxa yazo zonke izono zalo, kube kanye
emnyakeni 'mnye.

Waza wenza njengokuba UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi.

17 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-Mo-
sesi, esiti: 2 Teta ku-Arone, nakonyana
bake, nakubo bonke abalusapo luka-
Sirayeli, uti kubo: Leli ilizwi aliyaleleyo
UYEHOVA, lokuti: 3 Umntu osukuba engo-
wendhlu ka-Sirayeli, oya kuxèla inkabi,
umhlaumbi imvana, umhlaumbi ibokwe,
emnqubeni; umhlaumbi oya kuyixèla
ngapandhle kwomnquba; 4 kanti akayi-
zisi elucangweni lwentente yenklangano,
ukuba kunikelwe umnikelo KUYEHOVA
pambi kwayo itabanakele KAYEHOVA; iga-
zi liya kubalelwa lowamntu; igazi ulipa-
lazile; kanjalo uya kunqanyulwa lo-
wamntu ebantwini bake; 5 ukuze usapo
luka-Sirayeli luze nayo imibingo yalo,
oluyibingayo ngasendhle, luyizise KUYE-
HOVA, elucangweni lwentente yenkla-
ngano, kumperisite, luyibinge ibe yimi-
bingo yoxolo KUYEHOVA. 6 Waye umpe-
risite eya kusasaza igazi pezu kwesibi-
ngelo SIKAYEHOVA, elucangweni lwentente
yenklangano; nenqata wolitshisa libe
livumba elimnandi KUYEHOVA. 7 Alu-
sayi kubuya lubingele idemoni imibingo
yalo, ezo lurexezele emva kwazo. Oku
kwoba ngummiselwa ongunapakade kulo
ngezizukulwana zalo.

8 Wauya kuti kulo: Umntu osukuba
engowendhlu ka-Sirayeli, nosukuba engo-
wasemzini opambukeleyo pakati kwenu,
oya kunikela ngedini lokutshiswa, umhla-
umbi ngombingo; 9 kanti akalizisi eluca-
ngweni lwentente yenklangano, ukuba
lenzelwe UYEHOVA; lowamntu wonqanyu-
lwa ebantwini bake.

10 Nomntu osukuba engowendhlu ka-
Sirayeli, nosukuba engowasemzini opa-
mbukeleyo pakati kwenu, oya kulidhla
elinye igazi; sendiya kubeka ubuso bami
ngakuye lowamntu odhlayo igazi, ndim-
nqamle ebantwini bake. 11 Ngokuba
ubomi bennyama busegazini; kukona ndi-
ninikile lona pezu kwesibingelo, kuze kwe-
nzelwe imipefumlo yenu uxoliso: ngokuba
lilo igazi eliwenzela umpefumlo uxoliso.
12 Ngako oko ndite elusatsheni luka-
Sirayeli: Makungabiko namnye umntu
wakuni oya kulidhla igazi; kanjako owa-
semzini opambukeleyo pakati kwenu akayi
kulidhla igazi.

13 Nomntu osukuba engowosapo luka-
Sirayeli, nosukuba engowasemzini opambu-
keleyo pakati kwenu, oya kubamba innya-
makazi ekuzingeleni, umhlaumbi intaka



University of Fort Hare

edhlekayo; lowo uya kupalaza igazi layo,
aliselele ngotuli. 14 Ngokuba libubomi
bennyama yonke; igazi layo lingennxa
yobomi bayo; ndati ngoko elusatsheni
luka-Sirayeli: Igazi lennyama yonke aniyi
kulidhla; ngokuba ubomi bennyama yonke
ligazi layo; osukuba elidhla, wonqanyu-
lwa.
15 Nalomntu osukuba esidhla into esisi-
dumbu, umhlaumbi eqwengiweyo, *nokuba*
ungozelweyo elizweni, nokuba ungowa-
semzini, yena uya kuhlanza izivato zake,
ahlambe emanzini, abe encolile kude ku-
hlwe; andule abe ecokisekile. 16 Kodwa
ukuba akazihlanzi, nokuba akahlambi
innyama yake, uya kutwala inkohlakalo
yake.

18 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-Mo-
sesi, esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli,
uti kulo: Mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO
wenu. 3 Njengokwenza kwelizwe le-
Jipete, enibe nimi kulo, aniyi kwenza;
nanjengokwenza kwelizwe le-Kanane, apo
ndinizisa kona, aniyi kwenza; kanjako
ngemimiso yabo aniyi kuhamba. 4 Izi-
gwebo zami niya kuzenza, nemimiso yami
niya kuyigcina, ukuba nihambe ngayo:
mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu. 5 Nga-
ko niya kugcina imimiso yami, nezigwebo
zami; aya kuti umntu, ukuba uyazenza,
apile ngazo: mina ndiNGUYEHOVA.
6 Akuyi kusondela namnye umntu ko-
sukuba esisalamane sennyama yake, ukuza
kutyila ubuzé *bake:* mina ndiNGUYEHOVA.
7 Ubuzé boyihlo, nobuzé bonyoko, akuyi
kubutyila: ungunyoko yena; akuyi ku-
tyila ubuzé bake. 8 Ubuzé bomfazi woyi-
hlo akuyi kubutyila: bubuzé boyihlo bona.
9 Ubuzé bodade wako, intombi yoyihlo,
umhlaumbi intombi yonyoko, *nokuba* uzelwe
endhlwini, nokuba uzelwe ngapandhle,
ubuzé bako akuyi kubutyila. 10 Ubuzé
bentombi yonyana wako, umhlaumbi ben-
tombi yentombi yako, ubuzé bazo akuyi
kubutyila: ngokuba zibubuzé bako zona.
11 Ubuzé bentombi yomfazi woyihlo, eze-
lweyo nguyihlo, yona ingudade wako,
ubuzé bayo akuyi kubutyila. 12 Ubuzé
bodade woyihlo akuyi kubutyila: usisala-
mane soyihlo yena. 13 Ubuzé bodade
wonyoko akuyi kubutyila: ngokuba yena
esisalamane sonyoko. 14 Ubuzé bomni-
nawe woyihlo akuyi kubutyila, akuyi ku-
sondela emfazini wake: yena ngunyoko-
kazi wako. 15 Ubuzé bomolokazana wako
akuyi kubutyila: ngumfazi wonyana wako
yena; akuyi kutyila ubuzé bake. 16 U-
buzé bomfazi womninawe wako akuyi
kubutyila: bubuzé bomninawe wako
bona. 17 Ubuzé bomfazi nobentombi yake
akuyi kubutyila; intombi yonyana wako,
umhlaumbi intombi yentombi yake, akuyi
kuyizeka, ukutyila ubuzé bayo; zizala-
mane zake zona: bubutshinitshini oku.
18 Kanjako akuyi kuzeka umfazi pezu
kwodade wake, uku*m*xinezela, ukutyila
ubuzé bake, ngapandhle kwalowo nxa
asahleli.
19 Akuyi kusondela emfazini esekwa-
hlukaneleni ukuncola kwake, ukutyila
ubuzé bake. 20 Akuyi kulala nomfazi
wommelwane wako ngokulalela inzalo,
ukuba uncolelwe nguye. 21 Nakuyo
inzalo yako akuyi kunika *namnye* ukuba
adhluliswe *emlilweni* pambi kwo-Moleke;
negama LOTIXO wako akuyi kulidyoba:
mina ndiNGUYEHOVA. 22 Akuyi kulala
nendoda njengokuba kulalwa nomfazi:
yintshontsho oku. 23 Kanjalo akuyi
kulala nasinye isilo, ukuba uncolelwe si-
so: nomfazi makangemi ebusweni besilo,
kuze kulalwe pantsi kuso: yinto ebugeza
le.
24 Ize ningazincolisi ngannye yezi-
*zinto:* ngokuba zincolelwe zizo zonke ezi-
*zinto* izizwe endiza kuzigxota pambi kwenu.
25 Lincolile ilizwe nalo; ngako ndiyo-
hlwayela inkohlakalo yalo pezu kwalo, ne-
lizwe lona liyahlanza abemi balo. 26 Nina
kodwa niya kugcina imimiso yami nezi-
gwebo zami, ningenzi *nannye* kuzo zonke
ezizinto zibuntshontsho; owelizwe lako-
wenu, nowasemzini opambukeleyo pakati
kwenu: 27 (ngokuba zonke ezizinto zi-
buntshontsho bezenzile abantu belozwe,
ababepambili kuni; kukona ilizwe linco-
lile:) 28 ukuze elozwe lingahlanzi nina,
nakulincolisa, njengokuba lihlanzile izizwe
ezibe zipambili kuni. 29 Ngokuba bonke
abaya kwenza *ennye* kuzo zonke ezi*zinto*
zibuntshontsho, kwa imipefumlo eyenza
ngazo yonqanyulwa pakati kwabantu
bayo. 30 Ngako niya kugcina umyalezelo
wami, wokuba ningenzi *nalinye* kulamasiko
abuntshontsho abesenziwa pambili kuni,
nokuba ningazincolisi ngawo: mina ndi-
NGUYEHOVA, UTIXO wenu.

19 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Teta nayo yonke inklanganiso



University of Fort Hare

yosapo luka-Sirayeli, uti kulo: Noba 'ba-
ngcwele; ngokuba ndingcwele mina 'YE-
HOVA, UTIXO wenu.
3 Unyoko noyihlo niya kuboyika nonke
ngabanye; nesabata zami niya kuzigcina:
mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu.
4 Ningabeki ngakuwo amadalo, notixo
abatyityishiweyo ningazenzeli bona: mina
ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu.
5 Kanjalo nxa nibingelela umbingo wo-
xolo KUYEHOVA, niya kubingelela wona
ngokutanda kwenu. 6 Ngomhla woku-
bingelela kwenu uya kudhliwa, nangomnye
umhla; kodwa oko kuseleyo kwada kwa-
ngumhla wesitatu, kwotshiswa ngomlilo.
7 Ukuba kuka kudhliwe ngomhla wesi-
tatu, kwoba yinto edhlubukileyo oko;
akuyi kubukwa. 8 Nokudhlayo yena uya
kutwala inkohlakalo yake, ngokuba eyinco-
lisile eyingcwele *into* KAYEHOVA; ngako
umpefumlo lowo uya kunqanyulwa eba-
ntwini bawo.
9 Kanjalo nxa nivunayo ukuvunwa
kwomhlaba wenu, akuyi kugqibela uku-
vuna amagumbi entsimi yako; nokubute-
kayo kwokuvuna kwako akuyi kukubuta.
10 Nesitiya sako semiti yeveyine akuyi
kubikica sona; nedreyive ezivutuluki-
leyo zesitiya sako semiti yeveyine akuyi
kuzibuta; wozishiyela ihlwempu nowa-
semzini ezo: mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO
wenu.
11 Ningebi; ningateti ilwimi, ningenzi
ngobuxoki, omnye kwomnye. 12 Kanjako
aniyi kufunga igama lami ngendawo ebu-
xoki; uze ungalidyobi igama LOTIXO wako;
mina ndiNGUYEHOVA. 13 Akuyi kulumkisa
ummelwane wako, akuyi kumpanga ka-
njalo; umvuzo woqeshiweyo maungalalisi
kuwe kude kuse.
14 Akuyi kutuka ositulu, nasebusweni
bemfama akuyi kubeka isikùbekiso; kodwa
uya kwoyika UTIXO wako: mina ndiNGUYE-
HOVA.
15 Aniyi kwenza ngobumenemene eku-
gwebeni; ubuso behlwempu akuyi kubu-
buka, nobuso bomkulu akuyi kububeka;
uya kugweba ummelwane wako ngobulu-
ngisa.
16 Akuyi kuhambahamba ehleba pakati
kwabantu bako; akuyi kuma ngakulo igazi
lommelwane wako kanjalo: mina ndiNGU-
YEHOVA. 17 Akuyi kumtiya umzalwana
wako enkliziyweni yako; uya kukutala
ukumohlwaya ummelwane wako, uze unga-
twali ngennxa yako isono. 18 Akuyi
kupindezela, kanjalo akuyi kubamba *i-
ngqumbo* ngakulo usapo lwabantu bako;
koko uya kutanda ummelwane wako nje-
ngokuzitanda kwako: mina ndiNGUYE-
HOVA.
19 Imimiso yami niya kuyigcina.
Izilo zako ungazenzi zizeke ezolulumbi
uhlobo; intsimi yako akuyi kuyihlwayela
ngembewu yenklobo ngenklobo; kanjalo
isivato esilukiweyo ngenklobo ngenklobo
zenncawa asiyi kuza pezu kwako.
20 Nosukuba elala nenkazana ngokula-
lela inzalo, elikobokakazi yona, exanyelwe
indoda, engakululwanga nakanye, engapi-
wanga inkululeko kanjalo; kwobetwa ke;
abayi kufiswa, ngokuba ingengokululeki-
leyo *inkazana* leyo. 21 Waeya kuzisa idi-
ni letyala lake KUYEHOVA, elucangweni
lwentente yenklangano, *kwa* inkunzi yegu-
sha ibe lidini letyala. 22 Waye umperi-
site eya kumenzela uxoliso ngegusha yedi-
ni letyala pambi KWOYEHOVA, ngennxa ye-
sono sake onileyo ngaso; aze axolelwe isono
sake onileyo ngaso.
23 Naxeshekweni ningenileyo kwelo-
zwe, natyala zonke inklobo zemiti yoku-
tyiwa, isiqamo sayo niya kusibala ngokuba
sesingalukileyo: yoba yiminyaka mitatu
esiya kuba njengesingalukileyo kuni; asiyi
kudhliwa. 24 Kodwa ngomnyaka wesine
sonke isiqamo sayo soba yinto eyingcwele
yokumdumisa UYEHOVA. 25 Nangomnyaka
wesihlanu niya kusidhla isiqamo sayo, izo
yandiswe kuni imveliso yayo: mina ndi-
NGUYEHOVA, UTIXO wenu.
26 Aniyi kudhla *'nto* inegazi; aniyi
kulaula; aniyi kwenza ngobugqi.
27 Amancame enkloko zenu aniyi kwenza
izazinge ngawo; namancame odevu lwako
akuyi kuwonakalisa. 28 Izigebu ngennxa
yofileyo aniyi kuzenza ennyameni yenu,
nombàlo wezivambo aniyi kuwenza pezu
kwenu: mina ndiNGUYEHOVA.
29 Akuyi kudyoba intombi yako ngoku-
yenza ingnawokazi; ukuba ilizwe lingenzi
umbulo, lide ilizwe lizale bubutshini-
tshini.
30 Isabata zami niya kuzigcina, nenda-
wo yami eyingcwele niya kuyihlonela:
mina ndiNGUYEHOVA.
31 Ningajikeli kubo abenzelana nemi-
shologu, nakumatola; ningabafuni, uku-
ba nincolelwe ngabo: mina ndiNGUYEHOVA,
UTIXO wenu.



University of Fort Hare

32 Uya kupakama ebusweni bezimvi,
ububeke ubuso bexego, NOTIXO wako umo-
yike: mina ndiNGUYEHOVA.
33 Naxeshekweni kupambukele kuwe
owasemzini *ukuhlala* elizweni lenu, aniyi
kumbandezela. 34 Woba njengozelweyo
pakati kwenu kuni owasemzini opambuke-
leyo *ukuhlala* nani; uya kutanda yena nje-
ngokuzitanda kwako: ngokuba nibe ninga-
basemzini nina elizweni le-Jipete: mina
ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu.
35 Aniyi kwenza ngobumenemene eku-
gwebeni, ekwoluleni, ekulinganiseni, nase-
kuzaliseni. 36 Noba nesilinganiselo esi-
lungeleleneyo, namatye okulinganisa alu-
ngeleleneyo, neyefa elungeleleneyo, nehine
elungeleleneyo: ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu,
onipumisileyo elizweni le-Jipete. 37 Ku-
kona niya kugcina yonke imimiso yami,
nazo zonke izigwebo zami, nizenze: mina
ndiNGUYEHOVA.

20 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Woti kanjalo elusatsheni
luka-Sirayeli: Umntu wakwabalusapo
luka-Sirayeli, nowakwabasemzini abapa-
mbukeleyo kwa-Sirayeli, osukuba enika
kwinzalo yake ku-Moleke, uya kufiswa
ngennyaniso; abantu belizwe baya kum-
gibisela ngamatye. 3 Nami ndiya ku-
beka ubuso bami ngakuye lowamntu, ndim-
nqamle pakati kwabantu bake; ngoku-
ba enikile kwinzalo yake ku-Moleke, ukuze
ancolise indawo yami eyingcwele, nega-
ma lami elingcwele alidyobe. 4 Kanjalo
ukuba abantu belizwe baka bamfihlele lo-
wamntu amehlo abo, akunika kwinzalo
yake ku-Moleke, baze bangamfisi; 5 sendi-
ya kubeka ubuso bami ngakuye lowamntu,
nangakuso isizalwane sake, ndize ndim-
nqamle yena, nabo bonke abarexezela
emva kwake, ukuya kurexezela emva
kwo-Moleke, pakati kwabantu babo.
6 Nompefumlo ojikelayo kwabenzelana
nemishologu, nakumatola, ukuya kurexe-
zela emva kwabo, sendiya kubeka ubuso
bami ngakuwo umpefumlo lowo, ndiwu-
nqamle pakati kwabantu bawo. 7 Zi-
ngcwaliseni ngoko, nibe ngabangcwele:
ngokuba mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu.
8 Ize nigcine imimiso yami, niyenze:
mina ndiNGUYEHOVA oningcwalisayo.
9 Nxa kuko umntu otukileyo uyise,
umhlaumbi unina, uya kufiswa ngennya-
niso: utukile uyise, umhlaumbi unina;
igazi lake loba pezu kwake.
10 Nendoda erexezayo nomfazi *womnye*
umntu, erexezayo nomfazi wommelwane
wayo, umrexezi nomrexezikazi baya
kufiswa ngennyaniso.
11 Kanjalo indoda eleleyo nomfazi wo-
yise, ubuzé boyise ibutyilile: baya kufi-
swa ngennyaniso bobabini; igazi labo
loba pezu kwabo.
12 Naxeshekweni indoda iya kulala
nomolokazana wayo, baya kufiswa ngen-
nyaniso bobabini: benze into ebugeza;
igazi labo loba pezu kwabo.
13 Naxeshekweni indoda iya kulala
n*ennye* indoda, njengokuba kulalwa nom-
fazi, wona ayenzile intshontsho omabini:
aya kufiswa ngennyaniso; igazi lawo loba
pezu kwawo.
14 Naxeshekweni indoda iya kuzeka
umfazi nonina wake, bubutshinitshini
oku: baya kutshiswa ngomlilo, kwa yona
nabo bona; kuze kungabiko ubutshini-
tshini pakati kwenu.
15 Naxeshekweni indoda iya kulala ne-
silo, iya kufiswa ngennyaniso; nesilo niya
kusibulala. 16 Kanjalo umfazi nxa aya
kusondela kwesinye isilo ukuza kulala
pantsi kuso, uya kubulala umfazi lowo
nesilo eso: baya kufiswa ngennyaniso;
igazi labo loba pezu kwabo.
17 Naxeshekweni indoda iya kuzeka
udade wayo, intombi kayise, umhlaumbi
intombi kanina, ibone ubuzé bake, ati
yena abone ubuzé bayo, kulihlazo oko;
ngako bonqanyulwa emehlweni osapo lwa-
bantu babo: ibutyilile ubuzé bodade wayo;
iya kutwala inkohlakalo yayo.
18 Naxeshekweni indoda iya kulala
nomfazi onesifo sake, ibutyile ubuzé bake;
itombo lake ilenze zé, naye ulityilile
itombo legazi lake: ngako bonqanyulwa
bobabini pakati kwabantu babo.
19 Kanjako ubuzé bodade kanyoko, no-
bodade kayihlo, akuyi kubutyila: ngokuba
*owenje njalo* ehlubulule isalamane sake:
baya kutwala inkohlakalo yabo. 20 Na-
xeshekweni indoda iya kulala noninakazi
wayo, ubuzé boyisekazi wayo ibutyilile:
baya kutwala isono sabo; baya kufa be-
ngenabantwana. 21 Naxeshekweni in-
doda iya kuzeka umfazi womninawe wayo,
kuyinto encolileyo oko: ubuzé bomninawe
wayo ibutyilile; boba bengenabantwana.
22 Gcinani ngoko yonke imimiso yami,
nazo zonke izigwebo zami, nizenze; lize
linganihlanzi elozwe, apo ndinizisa kona



University of Fort Hare

ukuba nihlalo kulo. 23 Ize ningahambi
ngamasiko esizwe, endisikupayo pambi
kwenu: ngokuba zonke ezi*zinto* bezenzile
bona; kungoko endibatiyileyo. 24 Nina
kodwa ndite kuni: Niya kulidhla ilifa
lelizwe labo; ndolinika kuni kwa mina,
ukuba nilidhle ilifa lalo, ilizwe elela ubisi
nobusi: mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu,
onahlulileyo kw*abanye* abantu.
25 Kukona niya kukwenza ukwahluka pa-
kati kwezilo ezicocekileyo nezincolileyo, na-
pakati kwentaka ezincolileyo nezicocekile-
yo; aniyi kudhlubukisa imipefumlo yenu
ngesilo, nangentaka, nangannye into ena-
mbuzelayo pezu kwomhlaba, endinahlulele
zona ukuba nizibale ngokuba zincolile.
26 Noba ngabangcwele kumi, ngokuba
ndingcwele mina 'YEHOVA; kungoko endi-
nahlulile kw*abanye* abantu, ukuze nibe
ngabami.
27 Kanjako indoda, umhlaumbi umfazi,
ekukubo ubushologu, umhlaumbi ubutola,
baya kufiswa ngennyaniso: baya kugityi-
selwa ngamatye; igazi labo loba pezu
kwabo.

21 WANDULA wati UYEHOVA ku-Mosesi:
Teta kubaperisite, onyana baka-Arone,
uti kubo: Ngennxa yofileyo akayi kuzinco-
lisa *umperisite* pakati kwabantu bake:
2 kupela ngennxa yesalamane sake esiku-
fupi kuye, ngennxa yonina, nangennxa yo-
yise, nangennxa yonyana wake, nangennxa
yentombi yake, nangennxa yomninawe
wake; 3 nangennxa yodade wake oyinto-
mbi ipela, okufupi kuye, ongekabi nan-
doda; ngennxa yaló uya kuzincolisa.
4 Akayi kuzincolisa *nangennxa* yoyinkosi
pakati kwabantu bako, ukuba azidyobe.
5 Abayi kwenza ubunqai pezu kwenkloko
zabo, namancamo endevu zabo abayi ku-
wagugula, nasennyameni yabo abayi ku-
gebula izigebu. 6 Boba ngabangcwele
KUTIXO wabo, negama LOTIXO wabo abayi
kulidyoba: ngokuba bona benikela imi-
nikelo eyenziwa ngomlilo KAYEHOVA, uku-
tya KWOTIXO wabo; ngako boba ngcwele.
7 Inkazana eyingnawokazi umhlaumbi
edyojiweyo abayi kuyizeka, nomfazi olahli-
weyo yindoda yake abayi kumzeka kanjalo:
ngokuba *umperisite* eyingcwele KUTIXO
wake. 8 Ngako uya kumngcwalisa; ngo-
kuba enikela ukutya KWOTIXO wako: woba
ngcwele kuwe; ngokuba ndingcwele mina
'YEHOVA, oningcwalisayo. 9 Kanjako in-
tombi yongumperisite, nxa izidyobayo ngo-
kwenza umbulo, iyadyoba noyise wayo:
iya kutshiswa ngomlilo.
10 Nalowo ongumperisite omkulu paka-
ti kwabazalwana bake, obekugalelwa pezu
kwenkloko yake ioli yokutambisa, noza-
ndhla zake zizalisiwe ukwambata izivato,
inkloko yake akayi kuyihlubulula, nezi-
vato zake akayi kuzirazula. 11 Kanjalo
akayi kuza ngakuwo namnye umzimba ofi-
leyo; akayi kuzincolisa ngennxa yoyise
nangennxa yonina. 12 Akayi kupuma
endaweni eyingcwele, aze angayidyobi
eyingcwele indawo YOTIXO wake; ngokuba
ikrone yeoli yokutambisa YOTIXO wake
ipezu kwake: mina ndiNGUYEHOVA. 13
Uya kuzeka umfazi esebutonjini bake.
14 Umhlolokazi, nolahliweyo, nodyojiweyo,
*no*yingnawokazi, abanjalo akayi kubazeka;
koko eya kuzeka intombi ipela yaseba-
ntwini bake ibe ngumfazi. 15 Kanjako
akayi kudyoba inzalo yake pakati kwa-
bantu bake; ngokuba mina ndiNGUYEHOVA
omngcwalisayo.
16 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi, esi-
ti: 17 Teta ku-Arone, usiti: Umntu wa-
kwinzalo yako, ngezizukulwana zabo, eku-
kuye isonakalo, akayi kusondela ukuza
kunikela ukutya KWOTIXO wake. 18 Ngo-
kuba engasayi kusondela namnye umntu
ekukuye isonakalo: oyimfama, umhlaumbi
osisiqwala, umhlaumbi ompumlo ibenile-
yo, umhlaumbi onendawo ekulelweyo,
19 umhlaumbi umntu ononyawo olurune-
kileyo, umhlaumbi onesandhla esapukileyo,
20 umhlaumbi osisifombo, umhlaumbi o-
yingqeqe, umhlaumbi onomlanga eliswemi
lake, umhlaumbi onokubabeka, umhlaumbi
onokwekwe, umhlaumbi omasende atyu-
nyuzweyo: 21 akayi kusondela namnye
umntu, ekukuye isonakalo, kwinzalo ka-
Arone umperisite, ukuza kunikela imini-
kelo eyenziwa ngomlilo KAYEHOVA: isona-
kalo sikuye; ukutya KWOTIXO wake akayi
kusondela ukunikela kona. 22 Ukutya
KWOTIXO wake, okwezinto ezingcweleka-
zi, nokwezinto ezingcwele, angakudhla;
23 kodwa kulo ikuselo akayi kuza, na-
kuso isibingelo akayi kusondela, ngennxa
yokuba isonakalo sikuye; ukuze anga-
zidyobi indawo zami ezingcwele: ngo-
kuba mina ndiNGUYEHOVA obangcwalisayo.
24 Waye u-Mosesi wateta *ezizinto* ku-
Arone, nakonyana bake, nakulo lonke u-
sapo luka-Sirayeli.



University of Fort Hare

22 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Teta ku-Arone nakonyana
bake, ukuba bazile izinto ezingcwele
zosapo luka-Sirayeli, nokuba bangadyobi
igama 'lami elingcwele ngoko lundingcwa-
lisele kona: mina ndiNGUYEHOVA. 3 Yiti
kubo: Umntu wakuyo yonke inzalo yenu,
pakati kwezizukulwana zenu, osukuba eya
kusondela kwezingcwele izinto, ezo usapo
luka-Sirayeli luzingcwalisile KUYEHOVA,
nxa ukuncola kwake kupezu kwake, umpe-
fumlo lowo wonqanyulwa kwa sebusweni
bami: mina ndiNGUYEHOVA. 4 Owakuyo
inzalo ka-Arone osukuba elileperi, umhla-
umbi engonegqita, yena akayi kuzidhla
izinto ezingcwele, ade abe ecokisekile.
Kanjako ocukumisayo ennye into encolileyo
ngomzimba ofileyo, umhlaumbi indoda e-
kupuma kuyo imbewu yokulala; 5 umhla-
umbi osukuba ecukumisa esinye isinambu-
zane angancoliswayo siso, umhlaumbi um-
ntu angancoliswayo nguye, noko ukuncola
kwake kukokunjanina; 6 umntu ocuku-
misayo okunjalo, woba encolile kude ku-
hlwe; akayi kudhla kwezingcwele izinto,
kupela nxa ahlambile innyama yake nga-
manzi. 7 Woti lakutshona ilanga abe
ecokisekile, ati kamva adhle kwezingcwele
izinto; ngokuba kukutya kwake oko. 8
Into esisidumbu, umhlaumbi eqwengiweyo,
akayi kuyidhla, ukuba azincolise ngayo:
mina ndiNGUYEHOVA. 9 Ngako baya ku-
gcina umyalezelo wami, ukuba bangatwali
isono ngennxa yawo, bafe nokufa ngawo,
nxa bawudyobayo: mina ndiNGUYEHOVA
obangcwalisayo.
10 Kanjalo akuyi kudhla okuyingcwele
namnye owasemzini; oliranuka lomperi-
site, noqeshiweyo, akayi kudhla okuyin-
gcwele. 11 Kodwa nxa umperisite aya
kutenga umntu ngemali yake, lo uya ku-
dhla kuko, kwa nozelweyo endhlwini yake:
bona baya kudhla ekutyeni kwake. 12 Nen-
tombi yomperisite, nxa *ingumfazi* wendoda
engowasemzini, yona ayiyi kudhla kumni-
kelo wezinto ezingcwele. 13 Koko ukuba
intombi yomperisite ingumhlolokazi, um-
hlaumbi ngolahliweyo, ekungeko kuyo
inzalo, nebuyeleyo endhlwini kayise nje-
ngasebutsheni bayo, iya kudhla kuko uku-
tya kwoyise wayo: kodwa akuyi kudhla
kuko namnye owasemzini. 14 Kanjako
ukuba umntu uya kudhla into eyingcwele
ngesiposo, uya kubeka esesihlanu isiqingata
*sengqi* lako pezu kwako, andule asinike
kumperisite kunye nalonto eyingcwele.
15 Abayi kuzidyoba izinto ezingcwele zo-
sapo luka-Sirayeli, ezo luzinikele KUYE-
HOVA; 16 baze balutwese inkohlakalo ye-
tyala, lwakuzidhla izinto zalo ezingcwele:
ngokuba mina ndiNGUYEHOVA olungcwali-
sayo.
17 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 18 Teta ku-Arone, nakonyana bake,
nakulo lonke usapo luka-Sirayeli, uti ku-
bo: Umntu osukuba engowendhlu ka-Sira-
yeli, nowabasemzini abakwa-Sirayeli, oya
kunikela umnikelo wake, ngennxa yazo
zonke izibambiso zabo, nangennxa yayo
yonke iminikelo yabo yesisa, abaya ku-
nikela ngayo KUYEHOVA, libe lidini loku-
tshiswa; 19 *makunikelwe* ngentando yenu
inkunzi emsulwa pakati kwenkomo, pakati
kwegusha, umhlaumbi pakati kwebokwe.
20 Zonke ekukuzo isonakalo, aniyi kuni-
kela ngazo; ngokuba zingayi kuba nakuni-
bukelwa. 21 Nosukuba eya kunikela um-
bingo woxolo KUYEHOVA, ukufeza isiba-
mbiso, umhlaumbi *ukunika* umnikelo wesisa,
ngezinkulu umhlaumbi ngezinncinane in-
komo, wona woba msulwa ukuba ukole-
leke; akuyi kubako nasinye isonakalo ku-
wo. 22 Into eyimfama, umhlaumbi eya-
pukileyo, umhlaumbi esisilima, umhlaumbi
enesihlava, umhlaumbi enokubabeka, um-
hlaumbi enokwekwe, aniyi kunikela nge-
zinjalo KUYEHOVA; nomnikelo owenziwa
ngomlilo aniyi kuwenza ngazo pezu kwesi-
bingelo KUYEHOVA. 23 Kanti inkomo, um-
hlaumbi igusha, enendawo ekulelweyo
umhlaumbi efinyeleyo, leyo ungawenza
ngayo umnikelo wesisa; kodwa ukuba ibe
sisibambiso ayiyi kukoleleka. 24 Aniyi
kunikela KUYEHOVA encinezelweyo, netyu-
nyuziweyo, neruzulweyo, nesikelweyo; a-
niyi kwenje njalo elizweni lenu. 25 Ka-
njako aniyi kunikela ukutya KWOTIXO wenu
ngennye yezi *ezivela* esandhleni sowelinye
ilizwe; ngokuba ukudhlulubuka kwazo ku-
kuzo; isonakalo sikuzo; aziyi kunibukelwa.
26 Wateta UYEHOVA kanjako ku-Mosesi,
esiti: 27 Inkomo, umhlaumbi igusha, um-
hlaumbi ibokwe, xeshekweni izelweyo,
yoba yimihla isixenxe ngapantsi kwonina;
yoti ngomhla wesibozo nangexesha eliza
kuza, ikoleleke ukuba ibe ngumnikelo o-
wenziwa ngomlilo KUYEHOVA. 28 Nokuba
yinkomo, nokuba yigusha, aniyi kuxèla
yona netole layo ngomhla 'linye.
29 Naxeshekweni niya kubinga umbi-



University of Fort Hare

ngo wombulelo KUYEHOVA, niya kubinga
ngokwentando yenu. 30 Kwa ngomhla
lowo uya kudhliwa; aniyi kusalisa *'nto*
kuwo kude kuse: mina ndiNGUYEHOVA.
31 Ngako niya kugcina imiyalelo yami,
niyenze: mina ndiNGUYEHOVA. 32 Nega-
ma lami elingcwele aniyi kulidyoba, ko-
ko ndiya kungcwaliswa pakati kwosapo
luka-Sirayeli: mina ndiNGUYEHOVA, oni-
ngcwalisayo; 33 lowo onipumisileyo eli-
zweni le-Jipete, ndize ndibe NGUTIXO wenu:
mina ndiNGUYEHOVA.

23 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-Mo-
sesi, esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli,
uti kulo: Imitendeleko KAYEHOVA, eniya
kuyishumayela ukuba zinklanganisano ezi-
ngcwele, yiyo le imitendeleko yami.
3 Yimihla mitandatu ekuya kwenziwa
umsebenzi; kodwa ngomhla wesixenxe yi-
sabata yopumlo, inklanganisano engcwe-
le; aniyi kuwenza namnye umsebenzi *nga-
wo:* yisabata KAYEHOVA kuwo onke amakaya
enu.
4 Yiyo le imitendeleko KAYEHOVA, inkla-
nganisano ezingcwele, eniya kuyishuma-
yela ngamaxeska ayo amisiweyo.
5 Ngennyanga yokuqala, ngoweshumi
linesine *umhla,* pakati kwokuhlwa, yipasika
KAYEHOVA. 6 Nangomhla weshumi linesi-
hlanu walennyanga, ngumtendeleko wezo-
nka ezingenagwele KUYEHOVA: yimihla esi-
xenxe eniya kutya izonka ezingenagwele.
7 Ngowokuqala umhla noba nenklangani-
sano engcwele: aniyi kuwenza namnye
umsebenzi wenkonzo *ngawo.* 8 Koko niya
kunikela umnikelo owenziwa ngomlilo KU-
YEHOVA imihla ibe 'sixenxe: ngomhla wesi-
xenxe yinklanganisano engcwele; aniyi
kuwenza namnye umsebenzi wenkonzo
*ngawo.*
9 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 10 Teta nosapo luka-Sirayeli, uti
kulo: Xeshekweni nise nifikile kwelozwe
endinipa lona, naza navuna ukuvunwa kwa-
lo, niya kwandula nizise isitungu sesiqalo
sokuvuna kwenu kumperisite; 11 oya ku-
shukushukumisa isitungu eso pambi KWOYE-
HOVA, ngennxa yokubukwa kwenu: ngom-
hla wokusa emveni kwayo isabata umperi-
site wosishukushukumisa. 12 Naniya ku-
nikela ngomhla wokushukushukumisa kwe-
nu isitungu eso imvana emsulwa, eyomnya-
ka 'mnye, ibe lidini lokutshiswa KUYEHO-
VA; 13 kwa nomnikelo wokudhla wayo,
isibini sezeshumi iziqingata *zeyefa* yomgu-
bo ocolekileyo unyeliwe ngeoli, umnikelo
owenziwa ngomlilo KUYEHOVA, *libe* livu-
mba elimnandi; nomnikelo wokusela wayo
weveyine, isiqingata sesine sehine. 14
Isonka, namaqashu, nezikwebu eziluhlaza,
aniyi kuzidhla, kude kube ngokwa nguwo
umhla eniya kuzisa ngawo umnikelo wo-
TIXO wenu: woba ngummiselwa onguna-
pakade ngezizukulwana zenu, kuwo onke
amakaya enu.
15 Kanjalo niya kubala kuni *nitabata*
komnye umhla emveni kwesabata, kwa
semhleni wokuzisa kwenu isitungu soku-
shukushukunyiswa; zoba zisabata ezizalise-
kileyo zisixenxe: 16 kwa kude kube ngom-
nye umhla emveni kweyesixenxe isabata
niya kubala imihla imashumi mahlanu;
nize ninikele umnikelo wokudhla omtsha
KUYEHOVA. 17 Niya kuzisa zivela emaka-
yeni enu izonka zokushukushukunyiswa zi-
zibini; zoba zezezibini ezeshumi iziqingata
*zeyefa* yomgubo ocolekileyo; sezibilisiwe
ziya kwojwa: lulibo KUYEHOVA. 18 Na-
niya kunikela ndawonye nezonka ezo imva-
na ezimsulwa zibe 'sixenxe, ezomnyaka
'mnye, kwa nenkunzana elitole lenko-
mo ibe 'nnye, nenkunzi zegusha zibe
'mbini: zoba lidini lokutshiswa KUYEHOVA,
kunye nomnikelo wokudhla wazo ne-
minikelo yokusela yazo, umnikelo owe-
nziwa ngomlilo, wevumba elimnandi KUYE-
HOVA. 19 Nandule nenze ixwana linye
lebokwe libe lidini lesono, nemvana zimbi-
ni zomnyaka 'mnye zibe ngumbingo wo-
xolo. 20 Waye umperisite eya kuzishu-
kushukumisa ndawonye nezonka zolibo,
*zibe* ngumnikelo wokushukushukunyiswa,
pambi KWOYEHOVA, kunye nemvana zombi-
ni: zoba yingcwele KUYEHOVA ngennxa
yomperisite. 21 Naniya kushumayela ngo-
kwa nguwo umhla lowo, *ukuba* makube
yinklanganisano engcwele kuni: aniyi
kwenza namnye umsebenzi wenkonzo *nga-
wo:* kwoba ngummiselwa ongunapakade
kuwo onke amakaya enu ngezizukulwana
zenu.
22 Naxeshekweni nivunayo ukuvunwa
kwomhlaba wenu, akuyi kugqibela ama-
gumbi entsimi yako ekuvuneni kwako;
nokubutekayo kwokuvuna kwako akuyi
kukubuta; wokushiyela ihlwempu nowa-
semzini oko: mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO
wenu.
23 Wateta UYEHOVA kanjako ku-Mosesi,

esiti : 24 Teta elusatsheni luka-Sirayeli,
usiti : Ngennyanga yesixenxe, ngowoku-
qala *umhla* wennyanga, noba nopumlo,
inkumbuzo yokuhlokoma kwamaxilongo,
inklanganisano engcwele. 25 Aniyi ku-
wenza namnye umsebenzi wenkonzo ;
koko niya kunikela umnikelo owenziwa
ngomlilo KUYEHOVA.

26 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti : 27 Kanjalo ngoweshumi *umhla*
walennyanga yesixenxe, ngumhla wo-
kuxolisa wona ; noba nenklanganisano
engcwele ; naniya kubandezela imipefumlo
yenu, ninikele umnikelo owenziwa ngom-
lilo KUYEHOVA. 28 Nangokwa nguwo um-
hla lowo aniyi kuwenza namnye umse-
benzi : ngokuba ungumhla wokuxolisa
wona, wokuba kunenzelwe uxoliso ebu-
sweni BUKAYEHOVA, UTIXO wenu. 29 Ngo-
kuba yonke imipefumlo engabandezelwa-
nga ngokwa nguwo umhla lowo, yona
yonqanyulwa ebantwini bayo. 30 Nayo
yonke imipefumlo eyenzayo omnye umse-
benzi ngokwa nguwo umhla lowo, sendiya
kutshabalalisa imipefumlo leyo pakati
kwabantu bayo. 31 Aniyi kuwenza nam-
nye umsebenzi : ngummiselwa ongunapa-
kade ngezizukulwana zenu kuwo onke
amakaya enu. 32 Woba yisabata yopu-
mlo kuni, eniya kubandezela imipefumlo
yenu ngayo : ngowesitoba *umhla* wennya-
nga ngokuhlwa, kwa sekuhlweni kude
kube sekuhlweni, niya kuyenza isabata
yenu.

33 Wandula wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti : 34 Teta elusatsheni luka-Sirayeli,
usiti : Ngoweshumi linesihlanu umhla
walennyanga yesixenxe, kwobako umtende-
leko wamapempe imihla ibe 'sixenxe KUYE-
HOVA. 35 Ngomhla wokuqala kwobako
inklanganisano engcwele : aniyi kuwe-
nza namnye umsebenzi wenkonzo *ngawo.*
36 Yoba yimihla esixenxe eniya kunikela
umnikelo owenziwa ngomlilo KUYEHOVA ;
ngomhla wesibozo noba nenklanganisano
engcwele, naniya kunikela umnikelo owe-
nziwa ngomlilo KUYEHOVA : yinklanganiso
enkulu ; aniyi kuwenza namnye umsebe-
nzi. 37 Yiyo le imitendeleko KAYEHOVA,
eniya kuyishumayela ukuba zinklangani-
sano ezingcwele, kuze kunikelwe umni-
kelo owenziwa ngomlilo KUYEHOVA, idini
lokutshiswa nomnikelo wokudhla, umbi-
ngelelo neminikelo yokusela, into yemnini
ngemnini yayo : 38 ngapandhle kwesabata
ZIKAYEHOVA, nangapandhle kwezipo zenu,
nangapandhle kwazo zonke izibambiso
zenu, nangapandhle kwayo yonke imini-
kelo yenu yesisa, eniyinikayo KUYEHOVA.
39 Kodwa ngoweshumi linesihlanu umhla
wennyanga yesixenxe, nxa nibutileyo im-
veliso yomhlaba, niya kubamba umtende-
leko KAYEHOVA imihla ibe 'sixenxe : ngom-
hla wokuqala lwobako upumlo, nangomhla
wesibozo lwobako upumlo. 40 Niya kutaba-
tela kuni ngomhla wokuqala amasebe emiti
emihle, amasebe emiti yepalime, nama-
gatya emiti ebungqingqwa, nemincunuba
yasemlanjaneni ; naniya kugcoba pambi
KWOYEHOVA, UTIXO wenu, imihla ibe 'sixe-
nxe. 41 Lowo umtendeleko niya kuwu-
bamba KUYEHOVA imihla ibe 'sixenxe em-
nyakeni *'mnye :* ngummiselwa ongunapa-
kade ezizukulwaneni zenu ; ngennyanga
yesixenxe niya kuwubamba. 42 Niya
kuhlala emapempeni imihla ibe 'sixenxe ;
bonke abangama-Sirayeli ngokuzalwa bo-
hlala emapempeni ; 43 ukuze zikwazi
izizukulwana zenu okokuba bendihlalisa
usapo luka-Sirayeli emapempeni, ndakulu-
pumisa elizweni le-Jipete : mina ndiNGUYE-
HOVA, UTIXO wenu.

44 Waye u-Mosesi waxela imitendeleko
KAYEHOVA elusatsheni luka-Sirayeli.

24 WABUYA wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti : 2 Yalela usapo luka-Sirayeli,
ukuba luyizise kuwe ioli engcwengileyo
yamanquma anqushiweyo ibe yeyesika-
nyiso, kuze kumiswe izibane ngamaxesha
onke. 3 Ngapandhle kwekuselo lesi-
nqino, kuyo intente yenklangano, uya
kulungisa sona u-Arone, kwa sekuhlweni
kude kuse, ebusweni BUKAYEHOVA, nga-
maxesha onke : ngummiselwa ongunapa-
kade kwizizukulwana zenu. 4 Pezu kwe-
kandelare ecocekileyo uya kulungisa izi-
bane ebusweni BUKAYEHOVA futi.

5 Kanjalo uya kutabata umgubo ocole-
kileyo, woje ngawo izonkana zibe lishumi
elinazibini : zoba zezibini ezeshumi iziqi-
ngata *zeyefa* kwesinye isonkana. 6 Wauya
kubeka zona ngenrozo zimbini, zibe zita-
ndatu elurozweni *lunye,* pezu kwayo itafile
ecocekileyo, pambi KWOYEHOVA. 7 Wa-
ndule ubeke pezu kwenrozo *zombini* inkla-
kamhlope engcwengileyo, ize ibe ngumni-
kelo wokukumbuza pezu kwesonka, *kwa*
umnikelo owenziwa ngomlilo KUYEHOVA.
8 Yonke imihla yesabata ngaminye wosi-



University of Fort Hare

lungisa pambi KWOYEHOVA futi, sivela elusatsheni luka-Sirayeli ngocebano olungunapakade. 9 Soba sesika-Arone nesonyana bake, abaya kusitya kweyingcwele indawo; ngokuba siyinto eyingcwelekazi kuye pakati kweminikelo eyenziwa ngomlilo KAYEHOVA, ngommiselo ongunapakade.

10 KEKALOKU kwapuma unyana womfazi ongum-Sirayelikazi, obengunyana wendoda engum-Jipete, pakati kwosapo luka-Sirayeli: wasuka *lo*nyana wom-Sirayelikazi wangxolisana nendoda engum-Sirayeli emnqubeni. 11 Waza unyana wom-Sirayelikazi waligxeka igama *lika-Yehova*, watuka; ngako bamzisa ku-Mosesi: laye igama lonina lingu-Shelomiti, intombi ka-Diberi, owesizwe sika-Dane. 12 Baye bemfaka entolongweni, ukuda bashunyayezwe ngelizwi LIKAYEHOVA. 13 Wada wateta UYEHOVA ku-Mosesi, esiti: 14 Umtuki lowo mkupele pandhle kwomnquba, bati bonke ababesiva balalise izandhla zabo pezu kwenkloko yake; yandule yonke inklanganiso imgibisele ngamatye. 15 Nakulo usapo luka-Sirayeli uya kuteta, usiti: Umntu osukuba etuka UTIXO wake, uya kutwala isono sake. 16 Nogxekayo igama LIKAYEHOVA, yena uya kufiswa ngennyaniso; yonke inklanganiso yomgibisela ngamatye ngennyaniso: owasemzini woba njengozelweyo elizweni; nxa agxekayo igama *lika-Yehova*, uya kufiswa.

17 Nosukuba ebulala omnye umntu ubomi, uya kufiswa ngennyaniso. 18 Kanjalo obulalayo isilo ubomi, uya kusibuyekezela: isilo ngennxa yesilo. 19 Naxeshekweni umntu enzela ummelwane wake isonakalo; njengoko akwenzileyo, kuya kwenziwa njalo nakuye: 20 isapuko ngennxa yesapuko, iliso ngennxa yeliso, izinyo ngennxa yezinyo: njengokuba enzele umntu isonakalo, uya kwenzelwa njalo naye. 21 Lowo obulalayo isilo, wosibuyekezela; kanti obulalayo umntu, uya kufiswa. 22 Noba nesiko linye; owasemzini woba njengozelweyo elizweni: ngokuba mina ndinguYEHOVA, UTIXO wenu.

23 Waza u-Mosesi wateta elusatsheni luka-Sirayeli, ukuba malumkupe umtuki lowo ngapandhle kwomnquba, lumgibisele ngamatye. Lwati usapo luka-Sirayeli lwenza njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi.

25 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-Mosesi ngasentabeni ye-Sinai, esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli, uti kulo: Xeshekweni nise nifikile kulomhlaba endinipa wona, uya kupumla umhlaba lowo isabata KUYEHOVA. 3 Yiminyaka mitandatu uya kuhlwayela intsimi yako, neminyaka mitandatu uya kunqumla isitiya sako semiti yeveyine, nemveliso yaso uyibute. 4 Kodwa ngomnyaka wesixenxe yobako isabata yopumlo emhlabeni, isabata KUYEHOVA: intsimi yako akuyi kuyihlwayela, nesitiya sako semiti yeveyine akuyi kusinqumla. 5 Oko kuhlumileyo ngokwako kwokuvuna kwako akuyi kukuvuna, nedreyive zomti wako weveyine onganqunyulwanga akuyi kuzika: woba ngumnyaka wopumlo emhlabeni. 6 Isabata yomhlaba yoba kukutya kuni; kwa kuwe, nakwisicaka sako, nakwisicakakazi sako, nakumqeshwa wako, nakwiranuka lako lakwabapambukele kuwe, 7 nakwinkomo zako, nakwizilo ezisezizweni lako, yonke imveliso yayo yoba kukutya.

8 Kanjako uya kubala kuwe isabata zeminyaka zibe 'sixenxe, kwa izixenxe zeminyaka ezisixenxe; ize imihla yesabata zeminyaka zosixenxe ibe yiminyaka ingamashumi mane anesitoba kuwe. 9 Uya kwandula uhlokomise ixilongo lokuvusa ngennyanga yesixenxe, ngoweshumi *umhla* wennyanga; ngomhla wokuxolisa niya kuhlokomisa ixilongo kulo lonke ilizwe lenu. 10 Naniya kuwenza ngcwele lomnyaka wamashumi mahlanu, nishumayele inkululeko elizweni kubo bonke abemi balo: woba *ngumnyaka* womgcobo kuni wona; naniya kubuya nonke ngabanye niye emafeni enu, niti kanjalo nibuye nonke ngabanye niye kwizizalwane zenu. 11 Woba *ngumnyaka* womgcobo kuni lomnyaka wamashumi mahlanu: aniyi kuhlwayela, aniyi kuvuna nokuvuna oko kuhlumileyo ngokwako kuwo, *nedreyive* zawo zomti weveyine onganqunyulwanga aniyi kuzika. 12 Ngokuba *ngumnyaka* womgcobo wona; woba ngcwele kuni: niya kuyidhla imveliso yawo emasimini. 13 Ngalomnyaka womgcobo niya kubuya nonke ngabanye niye emafeni enu. 14 Ngako xeshekweni nitengisa ummelwane wako into yokutengwa, umhlaumbi nitenge *into* esandhleni sommelwane wako, aniyi kubandezelana: 15 ngenani leminyaka emveni kwowomgcobo uya kutenga kummelwane wako, *nange-*

nani leminyaka yokuvelisa uya kutengisa
kuwe: 16 njengobuninzi beminyaka uya
kwandisa ixabiso layo, nanjengobuncinane
beminyaka uya kuncipisa ixabiso layo;
ngokuba kungenani *leminyaka* yokuvelisa
atengisayo kuwe. 17 Ize ningabandeze-
lani; kodwa moyike UTIXO wako: ngo-
kuba mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu.

18 Ngako niya kuyenza imimiso yami,
nezigwebo zami niya kuzigcina, nizenze;
naniya kuhlala elizweni ngokunqaba.
19 Kanjalo umhlaba wonika ukuqama
kwawo, naniya kutya kude kuhlutwe, ni-
hlale nokuhlala ngokunqaba kuwo.

20 Naxeshekweni niya kuti: Sotya 'nto
nina ngomnyaka wesixenxe? bona ke,
asiyi kuhlwayela, asiyi kubuta inzuzo yetu
kanjako; 21 ndiya kwandula ndiyalele ita-
msanqa lami libe pezu kwenu ngomnyaka
wesitandatu, oya kuvelisa inzuzo *eyan*ele
iminyaka mitatu. 22 Noti umnyaka wesi-
bozo nihlwayele, nitye nokutya kwendala
inzuzo ude ube ngumnyaka wetoba; kude
kufike imveliso yawo niya kutya endala.

23 Umhlaba awuyi kutengiselwa ixesha
elingunapakade, umhlaba ungowami nje:
ngokuba nina ningabasemzini namaranuka
ngakumi. 24 Ngako kuwo wonke um-
hlaba wokufuya kwenu, niya kuvumela
umhlaba inkululwa. 25 Nxa umzalwana
wako aya kuhlwempuza, aze atengise
ngento *yomhlaba* wemfuyo yake, sekuya
kuza umkululi, osisalamane kuye, akulule
okutengisiweyo ngumzalwana wake. 26
Naxeshekweni umntu angenaye umkululi,
kanti yena unamandhla ngokwake ukufu-
mana okwaneleyo inkululwa yako; 27 ma-
kayibale iminyaka yokutengiswa kwako,
ati okupezulu akubuyisele kulomntu wae-
tengisile ngako kuye; aze abuyele emfu-
yweni yake. 28 Kodwa ukuba isandhla
sake asinakufumana okwaneleyo ukuba
akubuyisele kuye, kwohlala okutengisi-
weyo nguye esandhleni salowo okutengi-
leyo, kude kube ngumnyaka womgcobo;
koko ngo*mnyaka* womgcobo kuya kupuma,
ati yena abuyele emfuyweni yake.

29 Naxeshekweni umntu atengisa ngen-
dhlu yokuhlala esixekweni esibiyelwe lu-
donga, angaba nokuyikulula ude ugqitywe
umnyaka wokutengiswa kwayo: *pakati*
kwomnyaka upela angaba nokuyikulula.
30 Kodwa ukuba ayikululwa pakati kwo-
kuzaliswa kwomnyaka ofezekileyo, leyon-
dhlu esesixekweni esibiyelwe ludonga yo-
qiniswa kude kube ngunapakade kulowo
oyitengileyo ngezizukulwana zake: ayiyi
kupuma ngo*mnyaka* womgcobo. 31 Kanti
izindhlu zemizi ekungeko kuyo udonga
olungqongayo, zobalwa ngokuba zizindhlo
zelizwe: zoba nokukululwa; ziya kupuma
ngo*mnyaka* womgcobo. 32 Kodwa izixeko
zaba-Levi, *n*ezindhlu zezixeko zemfuyo ya-
bo, aba-Levi boba nokuzikulula ngama-
xesha onke. 33 Naxeshekweni kukululwo
ngowaba-Levi, kuya kupuma indhlu ebi-
tengisiwe, nesixeko semfuyo yake, ngo*m-
nyaka* womgcobo: ngokuba izindhlu zezi-
xeko zaba-Levi ziyimfuyo yabo pakati
kwalo usapo luka-Sirayeli. 34 Kodwa
izindhle zemnqele zezixeko zabo azitengeki;
ngokuba ziyimfuyo engunapakade kubo.

35 Kanjako nxa umzalwana wako aya
kuhlwempuza, abohle ngamandhla ake nga-
kuwe, yena uya kumxasa, *nokuba* ungo-
wasemzini, nokuba uliranuka, ukuze abe
nokupila ngakuwe. 36 Akuyi kutabata
kuye inzuzo enkulu, nokwanda okuninzi;
koko uya kwoyika UTIXO wako, ukuze abe
nokupila ngakuwe umzalwana wako. 37
Imali yako akuyi kuyinika kuye ngennxa
yenzuzo enkulu, nokutya kwako akuyi
kumboleka kona ngennxa yokwanda oku-
ninzi. 38 Mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu,
onipumisileyo ezweni le-Jipete, ukuba
ndininike ilizwe le-Kanane, ndize ndibe
NGUTIXO kuni.

39 Kananjalo nxa umzalwana wako
ongakuwe aya kuhlwempuza, andule azi-
tengise kuwe, akuyi kumkonzisa ngen-
konzo yekoboka: 40 njengomqeshwa, nje-
ngoliranuka wobako kuwe: kude kube
ngumnyaka womgcobo uya kukonza kuwe;
41 andule apume kuwe, yena nosapo lwake
kunye naye, abuyele kwisizalwane sako-
wabo; wobuyela kwa kuyo imfuyo yoyise
bake. 42 Ngokuba bezizicaka zami, endi-
bapumisileyo elizweni le-Jipete: abayi
kutengelwa ngokutengiswa kwekoboka. 43
Akuyi kupata ubukosi pezu kwake ngobu-
lukuni; koko uya kwoyika UTIXO wako.
44 Ikoboka lako nekobokakazi lako, lawo
uya kuba nawo, wona oba ngawenklanga
eziningqongayo; kwa kuzo niya kutenga
ikoboka nekobokakazi. 45 Nakanjako usa-
po lwamaranuka apambukeleyo kuni, kwa
kulo niya kuwatenga, nakuzo izizalwane
zalo ezipakati kwenu, ezo luzizeleyo eli-
zweni lenu: wona oba yimfuyo kuni.
46 Naniya kuwashiya abe lilifa kuba-



University of Fort Hare

ntwana benu emva kwenu, ukuba bawaba-
mbe abe yimfuyo; wona niya kuwakonzisa
kude kube ngunapakade; kodwa pezu kwa-
bazalwana benu usapo luka-Sirayeli, aniyi
kupata ubukosi omnye pezu kwomnye
ngobulukuni.
47 Naxeshekweni aya kutyeba owasem-
zini umhlaumbi oliranuka ngakuwe, ati
umzalwana wako ngakuye ahlwempuze, ade
azitengise kowasemzini *umhlaumbi ko*lira-
nuka ngakuwe, umhlaumbi kowesipunzi
sesizalwane sowasemzini: 48 angati em-
veni kwokutengiswa kwake enzelwe in-
kululwa; omnye kwabazalwana bake
angamkulula. 49 Umhlaumbi uyisekazi
wake, umhlaumbi unyana woyisekazi wake,
uya kumkulula; umhlaumbi osisalamane
sennyama yake kwisizalwane sake uya
kumkulula; umhlaumbi ukuba kuyenzeka
kuye, angazikulula yena. 50 Waeya ku-
balelana nalowo owamtengayo, *kutabata*
emnyakeni wokutengiswa kwake kuye, ku-
de kube ngumnyaka womgcobo: yoti imali
yokutengiswa kwake ibe ngenani leminya-
ka; njengemihla yomqeshwa kwoba *njalo*
kuye. 51 Ukuba isemininzi ke iminyaka,
kwa ngokwaleyo uya kubuyisa ixabiso
lenkululwa yake, kulomali watengwa nga-
yo. 52 Kanti ukuba kusala iminyaka emi-
ncinane kude kube ngumnyaka womgcobo,
uya kubalelana naye; *na*ngokweminyaka
yake wobuyisa ixabiso lenkululwa yake.
53 Njengomqeshwa womnyaka ngomnyaka
wobako kuye; akayi kupata ubukosi pezu
kwake ngobulukuni emehlweni ako. 54
Woti ukuba akakululwa pakati kwale*mi-
nyaka*, andule apume ngomnyaka womgco-
bo, yena nosapo lwake kunye naye. 55 Ngo-
kuba usapo luka-Sirayeli luzizicaka kumi;
luzizicaka zami lona, endilupumisileyo
elizweni le-Jipete: mina ndiNGUYEHOVA,
UTIXO wenu.

26 ANIYI kuzenzela amadalo, nomfane-
kiso oqingqiweyo; aniyi kuzipakami-
sela isifanekiso esimiyo kanjalo; nelitye
elibàliweyo aniyi kulimisa elizweni lenu,
ukuba nitobe pantsi pambi kwalo: ngo-
kuba mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu.
2 Isabata zami niya kuzigcina, nendawo
yami engcwele niya kuyihlonela: ndiNGU-
YEHOVA mina.
3 Ukuba niyahamba ngemimiso yami,
nigcine nemiyalelo yami, niyenze nokuye-
nza; 4 ndiya kwandula ndiyinise imvula
yenu ngexesha layo; woti umhlaba unike
ukuhluma kwawo, nemiti yasendhle inike
ukuqama kwayo; 5 liti ixesha lokubula
lifikele ukuvunwa kwedreyive, nokuvunwa
kwedreyive kufikele ixesha lokuhlwayela;
naniya kudhla ukutya kwenu kude kuhlu-
twe, nihlale ngokunqaba elizweni lenu. 6
Kanjalo ndonika uxolo elizweni, nize niti
tyambalala, kungeko oya kunitusa: nda-
ndiya kupelisa amaramncwa elizweni;
kanjalo irele aliyi kudhlula elizweni
lenu. 7 Naniya kusukela intshaba zenu,
eziya kuwa pambi kwenu ngerele. 8
Isihlanu sakuni sosukela iwaka, nekulu
lakuni losukela ishumi lamawaka; ziti in-
tshaba zenu ziwe pambi kwenu ngerele.
9 Ngokuba ndiya kubeka kuni, ndinicu-
mise, ndinandise nokunandisa; nocebano
lwami ndiya kulumisa nani. 10 Naniya
kutya okudala, okwomileyo; kanjalo oku-
dala nokukupa ngennxa yokutsha. 11
Ndandiya kubeka itabanakele yami pakati
kwenu; waye umpefumlo wami ungayi ku-
nidela. 12 Ndiya kuhamba pakati kwenu,
ndibe NGUTIXO kuni, noti nina nibe nga-
bantu kumi. 13 Mina ndiNGUYEHOVA, U-
TIXO wenu, endinipumisileyo elizweni le-
Jipete, ukuze ningabi ngamakoboka kubo;
ndandapule izibonda zeyokwe yenu, ndenza
ukuba nihambe ngokupakama.
14 Kodwa ukuba aniyi kupulapula ku-
mi, nayo yonke lemiyalelo aniyi kuyenza;
15 nokuba niya kulahla imimiso yami, no-
kuba umpefumlo wenu uya kudela izi-
gwebo zami, nize ningayenzi yonke imiya-
lelo yami, nide nilwapule ucebano lwami:
16 kanjalo nami ndiya kwenza oku kuni,
okwokuba ndiya kubeka pezu kwenu isitu-
so, nokungcungcuteka, necesine, *ezonto* ezi-
ya kugqibela amehlo, ziwucubukise nom-
pefumlo; nembewu yenu nofumana niyi-
hlwayele, ngokuba ziya kuyidhla intshaba
zenu. 17 Ndandiya kumisa ubuso bami
ngakuni, ukuze noyiswe pambi kwentshaba
zenu; baye abatiyi benu beya kunipata
ngobukosi, naniya kusaba nina, nxa ku-
ngeko onipatumayo.
18 Nokuba aniyi kuti ngako oku nipula-
pule kumi, sendiya kwongeza ukunohlwa-
ya ngokusixenxe ngennxa yezono zenu.
19 Ngokuba ndiya kwapula iratshi lokwo-
melela kwenu; ndandiya kwenza izulu
lenu njengesincete, nomhlaba wenu nje-
ngobedu. 20 Kanjako kwofumana ku-
peliswe amandhla enu; ngokuba umhlaba

wenu ungayi kunika ukuhluma kwawo, nemiti yelizwe ingayi kunika ukuqama kwayo.

21 Nokuba niya kuhamba ngokucasana nami, nize ningavumi ukupulapula kumi, sendiya kwongeza pezu kwenu izibeto ngokusixenxe njengezono zenu. 22 Ndandiya kutuma pakati kwenu izilo zasendhle, eziya kunihluta abantwana benu, zibubise nenkomo zenu, zenze nina nibe bancinane; zayo indhlela zenu ziya kweneka.

23 Nokuba aniyi kuti ngezizinto nilulekwe ndimi, koko niya kuhamba ngokucasana nami; 24 sendiya kuhamba kwa nami ngokucasana nani, ndinibete kanjalo ngokusixenxe ngennxa yezono zenu. 25 Ndandiya kuzisa pezu kwenu irele, eliya kupindezela impindezelo yocebano *lwami:* kanjalo nakubutelwa ezixekweni zenu, ndiya kwandula nditume isifo esibubisayo pakati kwenu; naniya kunikelwa esandhleni sotshaba. 26 Kwoti xeshekweni ndinapulele umsimelelo wesonka, bandule abafazi abalishumi boje isonka senu eziko linye, babuyise isonka senu ngokulinganisa: notya ke, kanti aniyi kuhluta.

27 Nokuba aniyi kuti ngako oku nipulapule kumi, koko niya kuhamba ngokucasana nami; 28 sendiya kuhamba ngokucasana nani ngoburalarume, ndinohlwaye kanjalo ngokusixenxe ngennxa yezono zenu. 29 Ngokuba niya kuyidhla innyama yonyana benu, nennyama yentombi zenu niya kuyidhla. 30 Ndandiya kuzicita indawo zenu ezipakamileyo, ndizigaule izifanekiselo zelanga zenu, nezidumbu zenu ndoziposa pezu kwezidumbu zezitixwana zenu; woti umpefumlo wami unidele. 31 Nezixeko zenu ndiya kuzenza 'bunxuwa, nendawo zenu ezingcwele ndozicitakalisa; kanjako andiyi kusezela ivumba elimnandi lenu. 32 Ewe, elozwe ndolicitakalisa; zide ziti nqa pezu kwalo intshaba zenu ezihlala kulo. 33 Nani nina ndoniti sa pakati kwabaheyideni, ndirole nasemva kwenu irele; loti ilizwe lenu libe yingcitakalo, nezixeko zenu zibe 'bunxuwa. 34 Oko ilizwe liya kwenzelela isabata zalo, yonke imihla yokucitakala kwalo, neyokubako kwenu ezweni lentshaba zenu; kwa oko liya kupumla ilizwe, lenzelele isabata zalo. 35 Yonke imihla yokucitakala kwalo liya kupumla; ngokokuba lingapumlanga kuzo isabata zenu, nxa nibe nihleli pezu kwalo.

36 Nabaseleyo pakati kwenu ndiya kuzisa ubugwala ezinkliziyweni zabo emazweni entshaba zabo; side isandi segqabi elipetshulweyo sibasabise; babeya kubaleka, njengokungati kubalekwa irele, bawe nokuwa, nxa kungeko oputumayo. 37 Baya kuwelana njengapambi kwerele, nxa oputumayo angeko; kanjako aniyi kuba nako ukuma ebusweni bentshaba zenu. 38 Koko niya kububa pakati kwabaheyideni, nelizwe lentshaba zenu lonidhla. 39 Boti abaseleyo pakati kwenu bangcungcuteke ngenkohlakalo yabo emazweni entshaba zenu; nakanjako ngenkohlakalo zoyise babo baya kungcungcuteka kunye nabo.

40 Ukuba baya kuxela inkohlakalo yabo, nenkohlakalo yoyise babo, ngesigqito bagqitile ngaso ngakumi; nokokuba kanjalo bahambile ngokucasana nami; 41 *nokuba* kanjalo ndihambile ngokucasana nabo, ndabazisa elizweni lentshaba zabo: ukuba oko zitobekile inkliziyo zabo ezingalukileyo, nokuba oko bayavuma ukwohlwayelwa kwenkohlakalo yabo; 42 ndiya kwandula ndikumbule ucebano lwami *kunye* no-Yakobi; nalo nocebano lwami *kunye* no-Yisake, nalo nocebano lwami *kunye* no-Abrahame ndolukumbula; nelizwe ndolikumbula.

43 Kwa njalo ilizwe loshiyelwa ngabo, lenzelele isabata zalo, nxa licitakele ngennxa yabo, bade bavume bona ukwohlwayelwa kwenkohlakalo yabo; ngokuba, ewe ngokokuba belahlile izigwebo zami, nokuba umpefumlo wabo udelile imimiso yami. 44 Kodwa noko kunjalo, bakuba besemazweni entshaba zabo, andiyi kubalahla, andiyi kubadela kanjalo, ukuba ndibagqibele, *no*kuba ndilwapule ucebano lwami kunye nabo: ngokuba ndiNGUYEHOVA mina, UTIXO wabo. 45 Kodwa ndobakumbulela ucebano lwomakulu babo, endapumisa bona elizweni le-Jipete emehlweni abaheyideni, ukuze ndibe NGUTIXO wabo: mina ndiNGUYEHOVA.

46 Yiyo le imimiso, nemigwebo, nemiteto, abeyenza UYEHOVA pakati kwake nosapo luka-Sirayeli, entabeni ye-Sinai, ngesandhla sika-Mosesi.

27 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-Mosesi, esiti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli, niti kulo: Xeshekweni umntu aya kwahlukanisa isibambiso, iziqu zoba ZEZIKAYEHOVA ngokulinganisa kwako. 3 Kwakuba ukulinganisa kwako kukokwen-



University of Fort Hare

doda, eminyaka imashumi mabini ubudala
bayo, kude kube yeminyaka imashumi
matandatu ubudala bayo, makuti ukuli-
nganisa kwako kube zishekele zesilivere
ezimashumi mahlanu, ngeshekele yeyin-
gcwele *indawo.* 4 Kodwa ukuba yinka-
zana, ukulinganisa kwako kwoba zishekele
ezimashumi matatu. 5 Nokuba ngomi-
nyaka mihlanu, kude kube ngominyaka
imashumi mabini, makuti ukulinganisa
kwako indoda kube zishekele ezimashumi
mabini, nangennxa yenkazana makube
zishekele ezilishumi linye. 6 Nokuba
ngowennyanga 'nnye, kude kube ngomi-
nyaka mihlanu, makuti ukulinganisa kwako
indoda kube zishekele zesilivere ezinhlanu,
nangennxa yenkazana ukulinganisa kwako
kwoba zishekele zesilivere ezintatu. 7
Nokuba ngominyaka imashumi matandatu
napezulu, ukuba yindoda, makuti ukuli-
nganisa kwako kube zishekele ezilishumi
linesihlanu, nangennxa yenkazana makube
zishekele ezilishumi. 8 Kodwa ukuba
ungohlwempuzileyo ngapantsi kwokuli-
nganisa kwako, makazimise pambi kwom-
perisite, aze umperisite amlinganise : ngo-
kwamandhla ake obambisileyo umperisite
uya kumlinganisa.

9 Nokuba sisilo, ekunganikelwa ngaso
umnikelo KUYEHOVA ; zonke ekunikwa
*ngumntu* kwezinjalo KUYEHOVA zoba ngcwele.
10 Akayi kusiguqula, akayi kusanana ka-
njalo, esilungileyo ngesibi, umhlaumbi
esibi ngesilungileyo ; kodwa ukuba uka
asanane isilo ngesilo noko, kwa sona neso
kwananwa ngaso zoba ngcwele.

11 Nokuba sisesinye isilo esincolile-
yo, ekungenikelwe ngaso umnikelo KUYE-
HOVA, uya kwandula amise esosilo ebu-
sweni bomperisite. 12 Waye umperisite
eya kusilinganisa, ukuba silungile, ukuba
sibi kusinina : njengokulinganisa kwako,
mperisite ! soba njalo. 13 Kodwa ukuba
woka asikulule, uya kwandula asongeze
esesihlanu isiqingata *senani* laso pezu kwo-
kulinganisa kwako.

14 Naxeshekweni umntu aya kungcwa-
lisa indhlu ibe ngcwele KUYEHOVA, woti
umperisite ayilinganise, ukuba ilungile,
ukuba imbi kusinina : njengokuba eyili-
nganisa umperisite, iya kuma njalo. 15
Nokuba lowo oyingcwalisileyo wokulula
indhlu yake, uya kusongeza esesihlanu
isiqingata semali yokulinganisa kwako
pezu kwayo, ize ibe yeyake.



16 Nokuba *yindawana* entsimini yem-
fuyo yake aya kuyingcwalisa umntu KUYE-
HOVA, kwoba njengembewu yayo ukuli-
nganisa kwako : *indawana* yehomere yembe-
wu yeralasi *yolingana* neshekele zesilivere
ezimashumi mahlanu. 17 Ukuba uya-
ngcwalisa intsimi yake *kuqala* emnyakeni
womgcobo, iya kuma kwa njengokulinga-
nisa kwako. 18 Kodwa ukuba uyangcwa-
lisa intsimi yake emveni *kwomnyaka* wom-
gcobo, makati umperisite ambalele imali
njengeminyaka esaseleyo, kwa kude
kube ngumnyaka womgcobo, ize isuswe
kweyokulinganisa kwako. 19 Nokuba
woka akulule intsimi lowo oyingcwalisile-
yo, makongeze esesihlanu isiqingata semali
yokulinganisa kwako pezu kwayo, ize iqi-
niswe kuye. 20 Nokuba akayi kukulula
lontsimi, umhlaumbi ukuba utengisile
lontsimi komnye umntu, ayisayi kubuya
ikululwe. 21 Koko intsimi leyo, yaku-
puma *ngomnyaka* womgcobo, iya kuba
ngcwele KUYEHOVA, njengentsimi eyahlu-
kanisiweyo ; yoba yeyomperisite imfuyo
yayo.

22 Kanjako ukuba yintsimi ayitengileyo
*umntu*, engeyeyakuwo amasimi emfuyo ya-
ke, aya kuyingcwalisa KUYEHOVA ; 23 woti
umperisite ambalele inani lokulinganisa
kwako kude kube ngumnyaka womgcobo ;
*nemali* yokulinganisa kwako woyinika
ngomhla lowo, ibe yingcwele KUYEHOVA.
24 Ngomnyaka womgcobo yobuya ize
intsimi leyo kulowo wayitenga kuye, kwa
kulowo imfuyo yomhlaba ibiyeyake.

25 Konke ukulinganisa kwako kwoba
ngeshekele yeyingcwele *indawo* : zigera
ezimashumi mabini eziya kuba yishekele
leyo.

26 Kodwa izibulo, ekuzityulwa ngalo
KUYEHOVA sisilo, akuyi kubako 'mntu oya
kulingcwalisa ; nokuba liyinkomo enkulu,
nokuba liyinkomo encinane, leliKAYEHOVA
lona. 27 Nanxa lilelesilo esincolileyo, uya
kukulula *lona* ngokulinganisa kwako, ati
kanjalo ongeze esesihlanu isiqingata sako
pezu kwako ; nanxa lingakululwa, liya
kutengiswa ngokulinganisa kwako.

28 Kodwa into esukuba yahlukanisiwe,
aya kuti umntu ayahlukanisele UYEHOVA
kuko konke anako, kubantu nakwizilo,
nakwintsimi yemfuyo yake, ayisayi kute-
ngiswa, ayisayi kukululwa kanjako : zonke
izinto ezahlukanisiweyo, zizinto ezingcwe-
lekazi KUYEHOVA zona. 29 Konke okwahlu-

kanisiweyo, okuya kwahlukaniswa pakati
kwabantu, akuyi kukululwa; kwofiswa
ngennyaniso.
30 Kananjalo zonke izishumi zomhlaba,
ezembewu yomhlaba, ezesiqamo semiti,
zona ZEZIKAYEHOVA: zingcwele KUYEHOVA.
31 Naxeshekweni umntu aya kuka akulule
*into* kwizishumi zake, esesihlanu isiqingata
sazo uya kusongeza pezu kwazo. 32 Nazo
zonke izishumi zezinkulu nezezinncinane
inkomo, ezazo zonke ezidhlula ngapantsi
kwayo intonga, eyeshumi yoba yingcwele
KUYEHOVA. 33 Akayi kugqalela ukuba
ilungile, ukuba imbi kusinina, akayi kuya-
nana kanjalo: kodwa ukuba woka ayanane
noko, kwa yona naleyo kwananwa ngayo
zoba ngcwele; ayisayi kukululwa.
34 Yiyo le imiyalelo UYEHOVA wayiya-
lezela u-Mosesi elusatsheni luka-Sirayeli,
entabeni ye-Sinai.

## EYESINE INNCWADI KAMOSESI,

E-KUTIWA

# YIMIBALO.

### ISAHLUKO I.

WAYE UYEHOVA wateta ku-Mosesi, en-
klango ye-Sinai, ententeni yenkla-
ngano, ngowokuqala *umhla* wennyanga yesi-
bini, ngomnyaka wesibini emva kwokupuma
kwabo elizweni le-Jipete, esiti: 2 Tabata-
ni inani layo yonke inklanganiso yosapo
luka-Sirayeli, ngezizalwane zalo, ngendhlu
zoyise zalo, ngombalo wamagama, onke
amadoda ngamanye ngamanye; 3 engami-
nyaka imashumi mabini napezulu ubudala
bawo, onke apumayo nomkosi kwa-Sirayeli:
lawo niya kuwabala ngemikosi yawo, we-
na no-Arone. 4 Nakunye nani kwobako
indoda ibe 'nnye kwisizwe ngesizwe,
indoda eyinkloko pezu kwendhlu yoyise
yayo.
5 Ngawo la amagama awo amadoda aya
kuma nani: eyesika-Rubene, ngu-Elitsure
unyana ka-Shedeyure; 6 eyesika-Simone,
ngu-Shelumiyele unyana ka-Tsurishadai;
7 eyesika-Juda, ngu-Nabashone unyana
ka-Haminadabi; 8 eyesika-Yisakare, ngu-
Netaneli unyana ka-Tsuhare; 9 eyesika-
Zebulone, ngu-Eliyabe unyana ka-Heloni;
10 eyosapo luka-Josefe,—eyesika-Frayime,
ngu-Elishama unyana ka-Hamihude; eye-
sika-Manase, ngu-Gamaliyeli unyana ka-
Pedatsure; 11 eyesika-Benjamine, ngu-
Abidane unyana ka-Gideyoni; 12 eyesika-
Dane, ngu-Ahihezere unyana ka-Hami-
shadai; 13 eyesika-Ashere, ngu-Pagiyeli
unyana ka-Okerane; 14 eyesika-Gadi, ngu-
Eliyasafa unyana ka-Dehule; 15 eyesika-
Nefatali, ngu-Ahira unyana ka-Henani.
16 Aba bebengabadumileyo benklanga-
niso, inkosi zezizwe zoyise babo; bebezin-
kloko zamawaka akwa-Sirayeli.
17 Baza u-Mosesi no-Arone batabata la-
madoda abalulwayo ngamagama; 18 ba-
hlanganisela ndawonye yonke inklanganiso,
ngowokuqala *umhla* wennyanga yesibini,
abati bona bashumayela ukuzalwa kwabo,
ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise zabo,
ngombalo wamagama, bengabaminyaka
imashumi mabini nabapezulu ubudala babo,
ngabanye ngabanye. 19 Njengokuba UYE-
HOVA ebemyalele u-Mosesi, kwa njalo wa-
babala enklango ye-Sinai.
20 Kekaloku onyana baka-Rubene, owa-
mazibulo ka-Sirayeli, izizukulwana zabo,
ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise zabo,
ngombalo wamagama, ngabanye ngabanye,
bonke abangamadoda aminyaka imashumi
mabini napezulu ubudala bawo, bonke aba-
pumayo nomkosi; 21 ababalweyo babo, abe-
sizwe sika-Rubene, bebengamawaka anga-
mashumi mane enesitandatu, anamakulu
mahlanu.
22 Abonyana baka-Simone, izizukulwana
zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise
zabo, ababalweyo babo, ngombalo wamaga-
ma, ngabanye ngabanye, bonke abangama-
doda aminyaka imashumi mabini napezulu
ubudala bawo, bonke abapumayo nomkosi;
23 ababalweyo babo, abesizwe sika-Simone,



University of Fort Hare

bebengamawaka angamashumi mahlanu e-
nesitoba, anamakulu matatu.
24 Abonyana baka-Gadi, izizukulwana
zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise
zabo, ngombalo wamagama, abaminyaka
imashumi mabini nabapezulu ubudala babo,
bonke abapumayo nomkosi ; 25 ababalweyo
babo, abesizwe sika-Gadi, bebengamawaka
angamashumi mahlanu enesihlanu, anama-
kulu matandatu enamashumi mahlanu.
26 Abonyana baka-Juda, izizukulwana
zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise
zabo, ngombalo wamagama, abaminyaka
imashumi mabini nabapezulu ubudala babo,
bonke abapumayo nomkosi ; 27 ababalweyo
babo, abesizwe sika-Juda, bebengamawaka
angamashumi asixenxe enesine, anamakulu
matandatu.
28 Abonyana baka-Yisakare, izizuku-
lwana zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu
zoyise zabo, ngombalo wamagama, abami-
nyaka imashumi mabini nabapezulu ubudala
babo, bonke abapumayo nomkosi : 29 aba-
balweyo babo, abesizwe sika-Yisakare, be-
bengamawaka angamashumi mahlanu ene-
sine, anamakulu mane.
30 Abonyana baka-Zebulone, izizuku-
lwana zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu
zoyise zabo, ngombalo wamagama, abami-
nyaka imashumi mabini nabapezulu ubu-
dala babo, bonke abapumayo nomkosi ; 31
ababalweyo babo, abesizwe sika-Zebulone,
bebengamawaka angamashumi mahlanu
enesixenxe, anamakulu mane.
32 Abonyana baka-Josefe :—Abonyana
baka-Frayime, izizukulwana zabo, ngeziza-
lwane zabo, ngendhlu zoyise zabo, ngombalo
wamagama, abaminyaka imashumi mabini
nabapezulu ubudala babo, bonke abapuma-
yo nomkosi : 33 ababalweyo babo, abesi-
zwe sika-Frayime, bebengamawaka anga-
mashumi mane, anamakulu mahlanu :
34 Abonyana baka-Manase, izizukulwa-
na zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu zo-
yise zabo, ngombalo wamagama, abami-
nyaka imashumi mabini nabapezulu ubu-
dala babo, bonke abapumayo nomkosi ; 35
ababalweyo babo, abesizwe sika-Manase,
bebengamawaka angamashumi matatu ene-
sibini, anamakulu mabini.
36 Abonyana baka-Benjamine, izizuku-
lwana zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu
zoyise zabo, ngombalo wamagama, abami-
nyaka imashumi mabini nabapezulu ubu-
dala babo, bonke abapumayo nomkosi ;
37 ababalweyo babo, abesizwe sika-Benja-
mine, bebengamawaka angamashumi ma-
tatu enesihlanu, anamakulu mane.
38 Abonyana baka-Dane, izizukulwana
zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise
zabo, ngombalo wamagama, abaminyaka
imashumi mabini nabapezulu ubudala babo,
bonke abapumayo nomkosi ; 39 ababalweyo
babo, abesizwe sika-Dane, bebengamawaka
angamashumi matandatu enesibini, anama-
kulu asixenxe.
40 Abonyana baka-Ashere, izizukulwana
zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise
zabo, ngombalo wamagama, abaminyaka
imashumi mabini nabapezulu ubudala babo,
bonke abapumayo nomkosi ; 41 ababalweyo
babo, abesizwe sika-Ashere, bebengamawa-
ka angamashumi mane enalinye, anamakulu
mahlanu.
42 Onyana baka-Nefatali, izizukulwana
zabo, ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise
zabo, ngombalo wamagama, abaminyaka
imashumi mabini nabapezulu ubudala babo,
bonke abapumayo nomkosi ; 43 ababalweyo
babo, abesizwe sika-Nefatali, bebengama-
waka angamashumi mahlanu enesitatu, a-
namakulu mane.
44 Aba bangabo babalwayo, abo u-Mosesi
wababalayo, kwa no-Arone, nenkosi za-
kwa-Sirayeli, zingamadoda alishumi lina-
mabini : ezinnye ngezinnye zazipezu kwen-
dhlu zoyise zazo. 45 Baye bonke ababa-
lweyo bonyana baka-Sirayeli, ngendhlu
zoyise zabo, abaminyaka imashumi mabini
nabapezulu ubudala babo, bonke abapumayo
nomkosi kwa-Sirayeli, 46 kwa bonke aba-
balweyo, bebengamawaka angamakulu ma-
tandatu enamawaka matatu, anamakulu
mahlanu enamashumi akwa mahlanu.
47 Kodwa aba-Levi, ngesizwe soyise
babo, bebengabalwa pakati kwabo. 48
Ngokuba ebetetile UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti : 49 Kupela isizwe sika-Levi akuyi
kubala sona, nenani labo akuyi kulitabata
pakati kwonyana baka-Sirayeli. 50 Kodwa
wena, bamise aba-Levi pezu kwayo itaba-
nakele yesinqino, napezu kwazo zonke
impahla zayo, napezu kwako konke okuko-
kwayo : bona baya kutwala itabanakele,
kwa nazo zonke impahla zayo ; babeya ku-
konza kuyo, bati waca ngokungqonga ita-
banakele. 51 Nasekundulukeni kwetaba-
nakele, aba-Levi boyihlisa ; nasekumisweni
kwetabanakele, aba-Levi boyipakamisa ;
koko owasemzini osondelayo eya kufiswa.



University of Fort Hare

52 Lwaye usapo luka-Sirayeli luya kuti
waca, olunye ngolunye ngakulo ibandhla
lalo, nolunye ngolunye ngakuyo ibanile yalo,
ngemikosi yalo. 53 Kodwa aba-Levi baya
kuti waca ngokungqonga itabanakele yesi-
nqìno, ukuze kungabiko 'msindo pezu kwen-
klanganiso yosapo luka-Sirayeli: boti aba-
Levi kanjalo bagcine isigcinelo setabana-
kele yesinqìno.

54 Lwenje *njalo* usapo luka-Sirayeli;
njengako konke UYEHOVA ebemyalele u-
Mosesi ngako, lwenje njalo ke.

2 WAZA wateta UYEHOVA ku-Mosesi naku-
Arone, esiti: 2 Maluti waca usapo
luka-Sirayeli olunye ngolunye ngakuyo
ibanile yalo, ngapantsi kwomqondiselo
wendhlu zoyise zalo; luya kuti waca lu-
kude lungqonga intente yenklangano.

3 Abo abaya kuti waca ngapambili,
ngasekupumeni kwelanga, ngabebanile
yebandhla lika-Juda, ngemikosi yabo:
inkosi yonyana baka-Juda yoba ngu-
Nahashone, unyana ka-Haminadabi. 4
Umkosi wake, kwa ababalweyo bawo,
bebengamawaka angamashumi asixenxe
enesine, anamakulu matandatu. 5 Nabati
waca ngakuye boba sisizwe sika-Yisa-
kare: inkosi yonyana baka-Yisakare yoba
ngu-Netaneli, unyana ka-Tsuhare. 6 Umko-
si wake, kwa ababalweyo bawo, bebenga-
mawaka angamashumi mahlanu enesine,
anamakulu mane. 7 *Kuya kwongezwa* isi-
zwe sika-Zebulone: inkosi yonyana baka-
Zebulone yoba ngu-Eliyabe, unyana ka-
Heloni. 8 Umkosi wake, kwa ababa-
lweyo bawo, bebengamawaka angama-
shumi mahlanu enesixenxe, anamakulu
mane. 9 Bonke ababalweyo baseba-
ndhleni lika-Juda, bebengamawaka ali-
kulu elinamashumi asibozo enesitandatu,
anamakulu mane, ngemikosi yabo. Baya
kunduluka kuqala *aba*.

10 Ibanile yebandhla lika-Rubene yoba
ngasesuyide, ngemikosi yabo: inkosi yo-
nyana baka-Rubene yoba ngu-Elitsure, u-
nyana ka-Shedeyure. 11 Umkosi wake,
kwa ababalweyo bawo, bebengamawaka
angamashumi mane enesitandatu, anama-
kulu mahlanu. 12 Nabati waca ngakuye
boba sisizwe sika-Simone: inkosi yonyana
baka-Simone yoba ngu-Shelumiyele, unya-
na ka-Tsurishadai. 13 Umkosi wake, kwa
ababalweyo bawo, bebengamawaka anga-
mashumi mahlanu enesitoba, anamakulu
matatu. 14 *Kuya kwongezwa* nesizwe sika-
Gadi: inkosi yonyana baka-Gadi yoba ngu-
Eliyasafa, unyana ka-Rehule. 15 Umkosi
wake, kwa ababalweyo bawo, bebengama-
waka angamashumi mane enesihlanu, ana-
makulu matandatu enamashumi mahlanu.
16 Bonke ababalweyo basebandhleni lika-
Rubene, bebengamawaka alikulu elinama-
shumi mahlanu enesinye, anamakulu mane
enamashumi mahlanu, ngemikosi yabo.
Baya kunduluka ngokwesibini *aba*.

17 Kwandul' ukunduluka intente yen-
klangano, inebandhla laba-Levi, pakati
kwamabandhla; njengokuti waca kwabo,
kwoba njalo ukunduluka kwabo, bonke
ngabanye besezindaweni zabo, ngaseziba-
nileni zabo.

18 Ibanile yebandhla lika-Frayime, nge-
mikosi yabo, yoba ngasentshonalanga:
inkosi yonyana baka-Frayime yoba ngu-
Elishama, unyana ka-Hamihude. 19 Umko-
si wake, kwa ababalweyo bawo, bebenga-
mawaka angamashumi mane, anamakulu
mahlanu. 20 Abangakuye boba sisizwe
sika-Manase: inkosi yonyana baka-Manase
yoba ngu-Gamaliyeli, unyana ka-Peda-
tsure. 21 Umkosi wake, kwa ababalweyo
bawo, bebengamawaka angamashumi ma-
tatu enesibini, anamakulu mabini. 22 *Kuya
kwongezwa* nesizwe sika-Benjamine: inkosi
yonyana baka-Benjamine yoba ngu-Abida-
ne, unyana ka-Gideyoni. 23 Umkosi wake,
kwa ababalweyo bawo, bebengamawaka
angamashumi matatu enesihlanu, anama-
kulu mane. 24 Bonke ababalweyo baseba-
ndhleni lika-Frayime, bebengamawaka ali-
kulu enamawaka asibozo, anekulu linye
ngapandhle, ngemikosi yabo. Baya ku-
nduluka ngokwesitatu *aba*.

25 Ibanile yebandhla lika-Dane yoba
ngasenodo, ngemikosi yabo: inkosi yonya-
na baka-Dane yoba ngu-Ahibezere, unyana
ka-Hamishadai. 26 Umkosi wake, kwa
ababalweyo bawo, bebengamawaka anga-
mashumi matandatu enesibini, anamakulu
asixenxe. 27 Nabati waca ngakuye boba si-
sizwe sika-Ashere: inkosi yonyana baka-
Ashere yoba ngu-Pagiyeli, unyana ka-
Okerane. 28 Umkosi wake, kwa ababalwe-
yo bawo, bebengamawaka angamashumi
mane enesinye, anamakulu mahlanu.
29 *Kuya kwongezwa* nesizwe sika-Nefatali:
inkosi yonyana baka-Nefatali yoba ngu-
Ahira, unyana ka-Henani. 30 Umkosi
wake, kwa ababalweyo bawo, bebengama-



University of Fort Hare

waka angamashumi mahlanu enesitatu,
anamakulu mane. 31 Bonke ababalweyo
basebandhleni lika-Dane, bebengamawaka
alikulu elinamashumi mahlanu enesixenxe,
anamakulu matandatu. Baya kunduluka
ngasemva *aba*, ngebanile zabo.
32 Aba ke ngababalweyo bosapo luka-
Sirayeli, ngendhlu zoyise zalo: bonke aba-
balweyo basemabandhleni, ngemikosi yabo,
bebengamawaka angamakulu matandatu
enamawaka matatu, anamakulu mahlanu
enamashumi akwa mahlanu. 33 Kodwa
aba-Levi bebengabalwanga pakati kwosapo
luka-Sirayeli; njengokuba UYEHOVA ebem-
yalele u-Mosesi.
34 Lwaye usapo luka-Sirayeli lwenza
njengako konke UYEHOVA ebemyalele u-
Mosesi ngako: ngokunjalo lwati waca nge-
banile zalo, nangokunjalo lwalunduluka,
olunye ngolunye ngezizalwane zalo, ngen-
dhlu zoyise zalo.

3 KANJALO ezi zizizizukulwana zika-
Arone no-Mosesi, mhlana wabeteta UYE-
HOVA ku-Mosesi entabeni ye-Sinai. 2 Nga-
wo la amagama abo onyana baka-Arone:
owamazibulo u-Nadabi, no-Abihu, *no*-Ele-
zari, no-Yitamare. 3 Ngawo la amagama
onyana baka-Arone, abaperisite ababetanji-
swe, abazandhla bezizalisiwe ukukonza
ngobuperisite. 4 Kodwa u-Nadabi no-
Abihu bafa ebusweni BUKAYEHOVA, baku-
nikela umlilo wasemzini pambi KWOYEHOVA,
enklango ye-Sinai, bengenabo abantwana;
kanti u-Elezari no-Yitamare bakonza ngo-
buperisite ebusweni buka-Arone uyise
wabo.
5 Waye UYEHOVA wateta ku-Mosesi,
esiti: 6 Sondeza isizwe sika-Levi, usimise
pambi kwo-Arone umperisite, ukuba bako-
nze kuye; 7 nokuba bagcine isigcinelo
sake, nesigcinelo sayo yonke inklanganiso,
pambi kwentente yenklangano, baze baye-
nze inkonzo yetabanakele; 8 nokuba ba-
gcine zonke impahla zentente yenklangano,
nesigcinelo sosapo luka-Sirayeli, baze ba-
yenze inkonzo yetabanakele. 9 Wauya
kunika aba-Levi ku-Arone nakonyana bake;
bayanikwa, bayanikwa bona kuye bevela
elusatsheni luka-Sirayeli. 10 Kodwa u-
Arone nonyana bako uya kubamisela ukuba
bagcine ubuperisite babo; nowasemzini
osondelayo yena uya kufiswa.
11 Waye UYEHOVA wateta ku-Mosesi,
esiti: 12 Mina, bona ke, ndibatabatile aba-
Levi kwa pakati kwosapo luka-Sirayeli,
esikundhleni sawo onke amazibulo ekuzi-
tyulwa ngawo pakati kwosapo luka-Sira-
yeli; ngako aba-Levi boba ngabami:
13 ngokuba onke amazibulo engawami:
umhla ndandibeta onke amazibulo ezweni
le-Jipete ngawo, ndawangcwalisa kumi
onke amazibulo kwa-Sirayeli, awabantu
nawezilo; oba ngawami: mina ndiNGUYE-
HOVA.
14 Waye UYEHOVA wateta ku-Mosesi
enklango ye-Sinai, esiti: 15 Bala onyana
baka-Levi ngendhlu zoyise zabo, ngeziza-
lwane zabo; onke amadoda abudala bu-
yinnyanga 'nnye nobupezulu uya kubala
wona. 16 Waza u-Mosesi wababala ngeli-
zwi LIKAYEHOVA, njengokuyalelwa kwake.
17 Aba ke bebengonyana baka-Levi nga-
magama abo: u-Gereshone, no-Kohati, no-
Merari. 18 Ngawo la namagama abo onya-
na baka-Gereshone, ngezizalwane zabo;
u-Libeni no-Shimehi. 19 Nonyana baka-
Kohati, ngezizalwane zabo: u-Hamerame
no-Yitsare, u-Hebrone no-Huziyeli. 20 No-
nyana baka-Merari, ngezizalwane zabo;
u-Mahali no-Mushi. Zizo ezi izizalwano
zaba-Levi, ngendhlu zoyise zabo.
21 Ku-Gereshone *kwavela* isizalwane
sama-Libeni, nesizalwane sama-Shimehi:
zizo ezi izizalwane zama-Gereshone.
22 Ababalweyo bawo, ngombalo wawo
onke amadoda abudala buyinnyanga 'nnye
nobupezulu, ababalweyo bawo bebenga-
mawaka asixenxe anamakulu mahlanu.
23 Izizalwane zama-Gereshone ziya kuti
waca ngasemva kwetabanakele, ngasentsho-
nalanga. 24 Inkosi yayo indhlu yoyise
wama-Gereshone yoba ngu-Eliyasafa, unya-
na ka-Layeli. 25 Nesigcinelo sonyana
baka-Gereshone ententeni yenklangano, yi-
tabanakele, nentente, *n*esigubungelo sayo,
nelengalenga lalo ucango lwentente yen-
klangano, 26 namalengalenga ebala, ne-
lengalenga locango lwebala, elingakuyo
itabanakele, nangakuso isibingelo ngento
engqongayo; kwa nentambo zalo ngennxa
yayo yonke inkonzo yalo.
27 Naku-Kohati *kwavela* isizalwane sama-
Hamerame, nesizalwane sama-Yitsare, ne-
sizalwane sama-Hebrone, nesizalwane sa-
ma-Huziyeli: zizo ezi izizalwane zama-
Kohati. 28 Ngombalo wawo onke amadoda
abudala buyinnyanga 'nnye nobupezulu,
ebengamawaka asibozo anamakulu ma-
tandatu, egcina isigcinelo seyingcwelo

*indawo.* 29 Izizalwane zonyana baka-Kohati
ziya kuti waca ecaleni letabanakele, nga-
sesuyide. 30 Inkosi yayo indhlu yoyise
wezizalwane zama-Kohati yoba ngu-Elitsa-
fane, unyana ka-Huziyeli. 31 Nesigcinelo
sawo, yityeya, netafile, nekandelare, nezi-
bingelo, nempahla zeyingcwele *indawo*
akonzayo ngazo, nelengalenga, nako konke
okwenkonzo yayo. 32 Nenkosi yenkosi
zaba-Levi yoba ngu-Elezari, unyana ka-
Arone umperisite, *oya kuba* ngumongama
pezu kwabagcinayo isigcinelo seyingcwele
*indawo.*

33 Ku-Merari *kwavela* isizalwane sama-
Mahali, nesizalwane sama-Mushi: zizo ezi
izizalwane zama-Merari. 34 Nababalwe-
yo bawo, ngombalo wawo onke amadoda
abudala buyinnyanga 'nnye nobupezulu,
bebengamawaka matandatu anamakulu ma-
bini. 35 Inkosi yayo indhlu yoyise wezi-
zalwane zika-Merari yoba ngu-Tsuriyeli,
unyana ka-Abihayili: *aba* baya kuti waca
ecaleni letabanakele, ngasenode. 36 Nom-
sebenzi wesigcinelo sabo onyana baka-
Merari, ziplanke zetabanakele, nemivalo
yayo, nentsika zayo, neziseko zayo, nazo
zonke impahla zayo, nako konke okwenko-
nzo yayo, 37 nentsika zebala ezilingqonga-
yo, neziseko zazo, nezikonkwane zazo,
nentambo zazo.

38 Kanjalo abo abaya kuti waca pambi
kwetabanakele ngasempumalanga, pambi
kwentente yenklangano, ngasekupumeni
kwelanga, ngu-Mosesi, no-Arone, nonyana
bake, begcina isigcinelo seyingcwele *inda-
wo,* ngennxa yesigcinelo salo usapo luka-
Sirayeli; nowasemzini osondelayo yena
uya kufiswa.

39 Bonke ababalweyo babo aba-Levi,
abo bababalayo u-Mosesi no-Arone ngelizwi
LIKAYEHOVA, ngezizalwane zabo, onke ama-
doda abudala buyinnyanga 'nnye nobupe-
zulu, bebengamawaka angamashumi mabi-
ni enesibini.

40 Waza UYEHOVA wati ku-Mosesi: Bala
onke amazibulo engamadoda pakati kwosa-
po luka-Sirayeli, abudala buyinnyanga
'nnye nobupezulu, ulibale inani lamagama
awo. 41 Wauya kunditabatela mina 'YE-
HOVA aba-Levi, esikundhleni sawo onke
amazibulo pakati kwosapo luka-Sirayeli;
kwa nenkomo zaba-Levi, esikundhleni sa-
wo onke amazibulo pakati kwenkomo zosa-
po luka-Sirayeli. 42 Wayebala u-Mosesi,
njengokuba UYEHOVA ebemyalele, onke
amazibulo pakati kwosapo luka-Sirayeli.
43 Onke amazibulo engamadoda, ngomba-
lo wamagama, abudala buyinnyanga 'nnye
nobupezulu, abalweyo awo, ebengama-
waka angamashumi mabini enesibini, ana-
makulu mabini anamashumi asixenxe ene-
sitatu.

44 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 45 Tabata aba-Levi esikundhleni
sawo onke amazibulo pakati kwosapo luka-
Sirayeli, nenkomo zaba-Levi esikundhleni
senkomo zalo; ngokuba aba-Levi beya kuba
ngabami: mina ndinguYEHOVA. 46 Nala-
womakulu mabini anamashumi asixenxe
enesitatu aya kukululwa, agqitayo pezu
kwaba-Levi, kuwo amazibulo osapo luka-
Sirayeli; 47 uya kutabatela wona amanye
ngamanye ishekele zibe 'nklanu; ezinga-
ngayo ishekele yeyingcwele *indawo* wozi-
tabata; zigera ezimashumi mabini ishe-
kele leyo. 48 Wauya kunika leyomali
ku-Arone nakonyana bake, *ibe yeyo*kuku-
lulwa kwagqitayo pakati kwawo. 49 Wayo
u-Mosesi watabata imali yokukululwa kwa-
wo agqitayo pezu kwakululwayo ngaba-
Levi: 50 kwa kuwo amazibulo osapo luka-
Sirayeli wayitabata imali leyo; iliwaka
elinamakulu matatu anamashumi mata-
ndatu anesihlanu *leshekele,* ngeshekele
yeyingcwele *indawo.* 51 Waza u-Mosesi
wayinika imali yawo akululweyo ku-
Arone nakonyana bake, ngelizwi LIKAYE-
HOVA, njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-
Mosesi.

4 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi
naku-Arone, esiti: 2 Tabata inani
lonyana baka-Kohati, pakati kwabo onya-
na baka-Levi, ngezizalwane zabo, ngendhlu
zoyise zabo, 3 abaminyaka ingamashumi
matatu nabapezulu, kwa kude kube ngaba-
minyaka ingamashumi mahlanu, ubudala
babo, bonke abangenayo kobubukonzo, u-
kuba bawenze umsebenzi ententeni yenkla-
ngano.

4 Yoba yilé inkonzo yonyana baka-Ko-
hati ententeni yenklangano, *kwe*yingcwele
yezingcwele: 5 Ekundulukeni kwomnqu-
ba, kwoza u-Arone nonyana bake, batule
ikuselo lelengalenga, bayigubungele ngalo
ityeya yesinqino: 6 bandule babeke pezu
kwayo isigubungelo sezintsu zamacelesi,
bayandhlale kwa pezulu iqiya yezulura
lipela, bafake izibonda zayo. 7 Napezu
kwetafile *yezonka* zokubonakala baya kwa-
ndhlala iqiya, babeke pezu kwayo iziko-



University of Fort Hare

tilo, nezitya, nendebe, nebekile, ekuya
kugalelwa ngazo; kanjalo isonka esifuti
soba pezu kwayo; 8 bandule bandhlale
pezu kwazo iqiya yesibomvu, bagubunge-
le yona ngesigubungelo sezintsu zamace-
lesi, bafake izibonda zayo. 9 Babeya kuta-
bata iqiya yezulura, bagubungele ikande-
lare yesikanyiso, nezibane zayo, nezicimo
zayo, nezipatelo zayo, nazo zonke izitya
zeoli zayo, abakonzayo kuyo ngazo. 10 Ba-
ya kubeka yona, nazo zonke impahla zayo,
esigubungelweni sezintsu zamacelesi, baze
bayibeke pezu kwesibonda sokutwala.
11 Napezu kwesibingelo segolide baya
kwandhlala iqiya yezulura, bagubungele
yona ngesigubungelo sezintsu zamacelesi,
bafake izibonda zaso. 12 Kanjako bozita-
bata zonke impahla zenkonzo, abakonzayo
ngazo kweyingcwele *indawo*, bazibeke
eqiyeni yezulura, bazigubungele ngesigu-
bungelo sezintsu zamacelesi, bazibeke pezu
kwesibonda sokutwala. 13 Baya kwandu-
la basuse ututu esibingelweni, bandhlale
pezu kwaso iqiya yesimnyama; 14 baze
babeke pezu kwayo zonke impahla zaso,
ezo bakonza kuso ngazo, izipatamlilo, *nefo-
roke*, nezikotululo, nezitya zokufefela, zo-
nke impahla zaso isibingelo; bati kanjalo
bandhlale pezu kwaso isigubungelo se-
zintsu zamacelesi, bafake izibonda zaso.
15 Boti bakuba begqibile u-Arone nonyana
bake ukugubungela eyingcwele *indawo*,
nazo zonke impahla zeyingcwele *indawo*,
ekundulukeni kwomnquba; emveni kwoko,
baya kuza onyana baka-Kohati ukuza ku-
twala: kodwa mabangayicukumisi leyo-
*nto* ingcwele, hleze bafe. Ezizinto zingum-
twalo wonyana baka-Kohati ententeni
yenklangano.

16 Nokulinda kuka-Elezari, unyana ka-
Arone umperisite, yioli yesikanyiso, nesi-
qumiso esimnandi, nomnikelo wokudhla
wemihla ngemihla, neoli yokutambisa; *kwa*
ukulindwa kwayo yonke itabanakele, no-
kwako konke okukuyo, okweyingcwele
*indawo*, nokwazo zonke impahla zayo.

17 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi na-
ku-Arone, esiti: 18 Isizwe sezizalwane
zama-Kokati maningasinqamli pakati kwa-
ba-Levi; 19 koko lento niya kuyenza ku-
bo, ukuba bapile, bangafi nokufa, bakuso-
ndela kweyingcwele yezingcwele: u-Arone
nonyana bake baya kungena, babamise aba-
nye ngabanye pezu kwenkonzo yabo nase-
kutwaleni kwabo. 20 Kodwa abayi ku-
ngena ukuza kubona, nxa kugujungelwa
okuyingcwele, hleze bafe.

21 Wateta UYEHOVA kanjako ku-Mosesi,
esiti: 22 Tabata inani lonyana baka-Gere-
shone nabo, ngendhlu zoyise zabo, ngeziza-
lwane zabo: 23 abaminyaka ingamashumi
matatu nabapezulu, kwa kude kube ngaba-
minyaka ingamashumi mahlanu, ubudala
babo, wobabala; bonke abangenayo ukwenza
ubukonzo, ukuba basebenze umsebenzi ente-
nteni yenklangano. 24 Yoba yilé inkonzo
yezizalwane zama-Gereshone, ekusebenze-
ni nasekutwaleni. 25 Baya kutwala izi-
kuselo zetabanakele, nentente yenklangano,
isigubungelo sayo, nesigubungelo *sezintsu*
zamacelesi, esipezu kwaso ngapezulu, ne-
lengalenga locango lwentente yenklanga-
no; 26 namalengalenga ebala, nelenga-
lenga locango lwesango lebala, elingakuyo
itabanakele nangakuso isibingelo ngento
engqongayo; nentambo zazo, nazo zonke
impahla zenkonzo yazo, nako konke oku-
zenzelweyo, ukuba bakonze *ngazo*. 27 Yo-
ba ngelizwi lika-Arone nonyana bake yo-
nke inkonzo yonyana bama-Gereshone,
kuko konke ukutwala kwabo, nakuko ko-
nke ukusebenza kwabo; naniya kubami-
sela ukugcinwa kwayo yonke imitwalo
yabo. 28 Yilé inkonzo yezizalwane zo-
nyana baka-Gereshone ententeni yenkla-
ngano: nesigcinelo sabo, soba ngapantsi
kwesandla sika-Yitamare, unyana ka-
Arone umperisite.

29 Onyana baka-Merari, uya kubala bona
ngezizalwane zabo, ngendhlu zoyise zabo:
30 abaminyaka ingamashumi matatu na-
bapezulu, kwa kude kube ngabaminyaka
ingamashumi mahlanu, ubudala babo, wo-
babala; bonke abangenayo kobubukonzo,
ukuba basebenze umsebenzi wasententeni
yenklangano. 31 Nasi isigcinelo sokutwa-
la kwabo, ngako konke ukukonza kwabo
ententeni yenklangano: iplanke zetabana-
kele, nemivalo yayo, nentsika zayo, nezi-
seko zayo, 32 kwa nentsika zebala ezi-
lingqongayo, neziseko zazo, nezikonkwane
zazo, nentambo zazo, kunye nazo zonke
impahla zazo, nako konke okwenkonzo ya-
zo; naniya kuzibala ngamagama impahla
zesigcinelo sokutwala kwabo. 33 Yilé
inkonzo yezizalwane zonyana baka-Merari,
ngako konke ukukonza kwabo ententeni
yenklangano, ngapantsi kwesandhla sika-
Yitamare, unyana ka-Arone umperisite.

34 Baza bati u-Mosesi, no-Arone, nenkosi

zenklanganiso, babala onyana bama-Ko-
hati, ngezizalwane zabo, nangendhlu zoyise
zabo, 35 abaminyaka ingamashumi matatu
nabapezulu, kwa kude kube ngabaminya-
ka ingamashumi mahlanu, ubudala babo,
bonke abangenayo kobubukonzo, ngennxa
yomsebenzi ententeni yenklangano: 36 ba-
ye ababalweyo babo, ngezizalwane zabo,
bengamawaka mabini anamakulu asixenxe
anamashumi mahlanu. 37 Aba bangaba-
balweyo bezizalwane zama-Kohati, bonke
abakonzayo ententeni yenklangano, abati
u-Mosesi no-Arone bababala ngelizwi LIKA-
YEHOVA ngesandhla sika-Mosesi.

38 Kanjalo ababalweyo bonyana baka-
Gereshone, ngezizalwane zabo, nangendhlu
zoyise zabo, 39 abaminyaka ingamashumi
matatu nabapezulu, kwa kude kube ngaba-
minyaka ingamashumi mahlanu, ubudala
babo, bonke abangenayo kobubukonzo,
ngennxa yomsebenzi ententeni yenklanga-
no, 40 kwa ababalweyo babo, ngezizalwa-
ne zabo, *na*ngendhlu zoyise zabo, bebe-
ngamawaka mabini anamakulu matandatu
anamashumi matatu. 41 Aba bangababa-
lweyo bezizalwane zonyana baka-Geresho-
ne, bonke abakonzayo ententeni yenklanga-
no, abati u-Mosesi no-Arone bababala nge-
lizwi LIKAYEHOVA.

42 Nababalweyo bezizalwane zonyana
baka-Merari, ngezizalwane zabo, *na*ngen-
dhlu zoyise zabo, 43 abaminyaka inga-
mashumi matatu nabapezulu, kwa kude
kube ngabaminyaka ingamashumi mahla-
nu, ubudala babo, bonke abangenayo kobu-
bukonzo, ngennxa yomsebenzi ententeni
yenklangano, 44 kwa ababalweyo babo,
ngezizalwane zabo, bebengamawaka mata-
tu anamakulu mabini. 45 Aba bangaba-
balweyo bezizalwane zonyana baka-Merari,
abati u-Mosesi no-Arone bababala ngelizwi
LIKAYEHOVA ngesandhla sika-Mosesi.

46 Bonke ababalweyo, okuya u-Mosesi
no-Arone, nenkosi zakwa-Sirayeli, bababala
aba-Levi, ngezizalwane zabo, nangendhlu
zoyise zabo, 47 abaminyaka ingamashu-
mi matatu nabapezulu, kwa kude kube
ngabaminyaka ingamashumi mahlanu, ubu-
dala babo, bonke abangenayo ukuza kuwe-
nza umsebenzi wobukonzo, nomsebenzi
wokutwala, ententeni yenklangano, 48 kwa
ababalweyo babo, bebengamawaka asibozo
anamakulu mahlanu anamashumi asibozo.
49 Ngelizwi LIKAYEHOVA babebalwa, nge-
sandhla sika-Mosesi, abanye ngabanye ngo-
kusebenza kwabo, nangokutwala kwabo:
abo babalwayo nguye, bebengabo UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi ngabo.

5 WABUYA wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Yalela usapo luka-Sirayeli, u-
kuba malundulule emnqubeni onke amale-
peri, nabo bonke abanegqita, nosukuba
encolisiwe ngofileyo. 3 Kwa namadoda
namankazana nowandulula; niya kuwa-
ndululela ngapandhle kwomnquba; ukuze
angayincolisi iminquba yawo, endihlala
mina pakati kwayo. 4 Lwenje njalo ke
usapo luka-Sirayeli, lwawandululela nga-
pandhle kwomnquba: njengoko abetetile
UYEHOVA ku-Mosesi, lwenza kwa ngokunja-
lo usapo luka-Sirayeli.

5 Wateta kanjako UYEHOVA ku-Mosesi, esi-
ti: 6 Teta elusatsheni luka-Sirayeli, *usiti:*
Indoda umhlaumbi umfazi xeshekweni ba-
ya kwenza ngaso esinye isono sabantu, be-
gqita ngesigqito ngakuye UYEHOVA, ade abe
netyala umpefumlo lowo; 7 baya kwandula
baxele isono sabo basenzileyo: waeya kubu-
yekezela ityala lako ngenani lalo, asongeze
pezu kwalo esesihlanu isiqingata salo, anike
kulowo unetyala kuye. 8 Kodwa ukuba
umntu lowo akanaye osisalamane, ukuze
kubuyekezelwe ityala kuye, maliti elotya-
la libuyekezelwe KUYEHOVA, kumperisite;
ngapandhle kwenkunzi yegusha yokuxo-
lisa, ekuya kumxoliselwa ngayo. 9 Ka-
njalo yonke iminikelo yokufunqufunqulwa
yakuzo zonke izinto ezingcwele zosapo lu-
ka-Sirayeli, oluyizisayo kumperisite, yoba
yeyake. 10 Olunye ngolunye izinto ezi-
ngcwele zalo zoba zezake: oko kusukuba
kunikwa ngumntu kumperisite, kwoba ko-
kwake.

11 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 12 Teta nosapo luka-Sirayeli, uti
kulo: Nxa aya kupambuka umfazi wen-
doda, enze ngakuyo ngobumenemene; 13 iti
*ennye* indoda ilale naye ngokulalela inzalo,
kuze kufihlelwe amehlo eyake indoda, ati
yena ancoliswe ngasese, kungeko inqina
ngakuye, engatiwanga xafu kanjalo;
14 ukuba uyadhlula pezu kwayo ummoya
wobukwele, ide ibe nobukwele pezu
kwomfazi wayo, ngokuba encolisiwe;
umhlaumbi uyadhlula pezu kwayo um-
moya wobukwele, ide ibe nobnkwele pezu
kwomfazi wayo, nakuba engancoliswanga:
15 iya kwandula indoda leyo imzise um-
fazi wayo kumperisite, iti kanjalo imzisele



University of Fort Hare

umnikelo wake, eseshumi isiqingata seyefa
yomgubo weralasi; ayiyi kugalela pezu
kwawo ioli, ayiyi kubeka pezu kwawo
inklakamhlope kanjalo; ngokuba ungum-
nikelo wobukwele wona, umnikelo wen-
kumbuzo, okumbuzayo inkohlakalo.
16 Waye umperisite eya kumsondeza,
ammise pambi KWOYEHOVA. 17 Waye
umperisite kanjalo eya kutabata amanzi
angcwele empandeni wodongwe; nakulo
utuli olusemhlabeni wetabanakele uya ku-
tabata, alubeke emanzini lawo: 18 andule
umperisite ammise umfazi ebusweni BUKA-
YEHOVA, ayihlubulule inkloko yomfazi,
awubeke ezandhleni zake umnikelo wen-
kumbuzo, onguwo umnikelo wobukwele;
nasesandhleni somperisite kwobako lama-
nzi arara asenzayo isiqalekiso. 19 Waye
umperisite eya kumfungisa, ati emfazini:
Ukuba akulalanga 'ndoda nawe, nokuba
akupambukelanga ekuncoleni upantsi kwe-
yako indoda, yiba ukululeka kulamanzi
arara asenzayo isiqalekiso: 20 koko ukuba
upambukile upantsi kweyako indoda, no-
kuba uncolisiwe, ekubeni kuleleyo indo-
da nawe, ngapandhle kweyako indoda:
21 (uya kwandula umperisite amfungise
lomfazi ngesifungo sokuqalekisa, aze um-
perisite ati emfazini:) Wanga UYEHOVA
angakwenza ube sisiqalekiswa nesifunge-
lwa pakati kwabantu bako, akuba UYEHOVA
esenza itanga lako linqine, nesisu sako
sidumbe; 22 ati lamanzi, asenzayo isiqa-
lekiso, angene ematunjini ako, adumbise
isisu *sako*, anqinise netanga *lako!* Waeya
kuti umfazi lowo: Amene, amene! 23 Wo-
suka umperisite azibàle eziziqalekiso en-
ncwadini, azisulele emanzini arara; 24 aze
amseze umfazi lowo-lomanzi arara, asenza-
yo isiqalekiso: aeya kungena kuye lama-
nzi asenzayo isiqalekiso, abe 'burara.
25 Kanjalo umperisite uya kwamkela
esandhleni salomfazi umnikelo wobukwele,
awushukushukumise umnikelo lowo pambi
KWOYEHOVA, awunikele pezu kwesibingelo:
26 andule umperisite abambe kuwo um-
nikelo ngento ezalisa isandhla isikunjuze-
lwa sawo, asitshise pezu kwesibingelo;
ati kamva amseze umfazi amanzi lawo.
27 Akuba selemsezile amanzi lawo, kuya
kuti, ukuba uncolisiwe, nokuba enzile ngo-
bumenemene ngakuyo indoda yake, aya
kwandula angene kuye lamanzi asenzayo
isiqalekiso, abe 'burara, siti isisu sake
sidumbe, netanga lake linqine: waye lom-
fazi eya kuba sisiqalekiswa pakati kwa-
bantu bake. 28 Kodwa ukuba umfazi
akancolisiwe, koko ecocekile, woba eku-
lulekile, akaule nokukaula inzalo.
29 Nguwo lo umteto wobukwele, okuya
umfazi apambuka upantsi kweyake indoda,
ancoliswe; 30 umhlaumbi okuya ummoya
wobukwele udhlula pezu kwendoda, ide
ibe nobukwele pezu kwomfazi wayo, ize
immise umfazi lowo pambi KWOYEHOVA,
ati umperisite enze kuye ngawo wonke
lomteto. 31 Kwa njalo indoda yoba
msulwa enkohlakalweni; kanti lomfazi
wotwala inkohlakalo yake.

6 WAYE UYEHOVA wateta ku-Mosesi, esi-
ti: 2 Teta nosapo luka-Sirayeli, uti
kulo: Xeshekweni oyindoda umhlaumbi
umfazi aya kwahlukanisa *into* yokubambisa
ngesibambiso somnaziri, sokuba azahlu-
lele KUYEHOVA: 3 iveyine notywala wozi-
zila; iyasine yeveyine, neyasine yotywala
akayi kuyisela, namanzi edreyive akayi
kuwasela namanye, nedreyive ezifumileyo
nezomileyo akayi kuzidhla. 4 Yonke imi-
hla yobunaziri bake akayi kutya 'nto eye-
nziweyo ngomti weveyine, kube kuzo
intanga kude kube kulo ixolo. 5 Yonke
imihla yesibambiso sobunaziri bake akuyi
kudhlula pezu kwenkloko yake isitshetshe
sokugugula; kwa kude kuzalisekiswe imi-
hla azahlulele KUYEHOVA ngayo, woba
'ngcwele, ekulisa izihlwita zennwele zen-
kloko yake. 6 Yonke imihla yokwahlu-
lelwa kwake KUYEHOVA, akayi kuza emzi-
mbeni wofileyo. 7 Uyise nonina, umni-
nawe wake nodade wake, akayi kuzincolisa
ngennxa yabo, bakububa; ngokuba ubuna-
ziri BOTIXO wake bupezu kwenkloko yake.
8 Yonke imihla yobunaziri bako uyin-
gcwele KUYEHOVA. 9 Naxeshekweni ofileyo
wafayo ngakuye ngebaqo kamsinyane,
waza wancolisa inkloko yobunaziri bake,
uya kwandula agugule inkloko yake ngom-
hla wokucokiswa kwake; ngowesixenxe
umhla woyigugula. 10 Nangowesibozo
umhla uya kuzisa amahobe abe mabini,
umhlaumbi amatole ezuba abe mabini,
kumperisite, elucangweni lwentente yen-
klangano: 11 waye umperisite eya kule-
nza elinye libe lidini lesono, nelinye libe
lidini lokutshiswa, amenzele uxoliso, ngo-
kokuba wonile ngawo umzimba ofileyo;
waeya kuyingcwalisa inkloko yako kwa
ngomhla lowo. 12 Kanjalo *wobuya* aya-



University of Fort Hare

hlulele KUYEHOVA imihla yobunaziri bake,
azise imvana yomnyaka 'mnye ibe lidini
letyala; kanti imihla yamatanci iya kumla-
hleka, ngokuba buncolisiwe ubunaziri bake.
13 Kanjalo nguwo lo umteto womna-
ziri: Ngomhla wokuzalisekiswa kwemihla
yobunaziri bake, uya kuziswa elucangweni
lwentente yenklangano. 14 Waeya kuni-
kela umnikelo wake KUYEHOVA; imva-
na yomnyaka 'mnye emsulwa ibe 'nnye,
ibe lidini lokutshiswa; nemvanakazi ibe
'nnye yomnyaka 'mnye emsulwa, ibe lidini
lesono; nenkunzi yegusha ibe 'nnye emsu-
lwa, ibe ngumnikelo woxolo; 15 nesitya
sezonka ezingenagwele, izonkana zomgubo
ocolekileyo zinyeliwe ngeoli, nezonka-
nyana ezingenagwele zitanjisiwe ngeoli,
kwa nomnikelo wokudhla wazo, nemini-
kelo yokusela yazo. 16 *Ezizinto* umperi-
site wozisondeza ebusweni BUKAYEHOVA,
enze idini lesono lake, nedini lokutshiswa
lake. 17 Nenkunzi yegusha uya kuyenza
umbingo woxolo KUYEHOVA, kunye nesitya
sezonka ezingenagwele; woti umperisite
kanjalo enze umnikelo wokudhla wake,
nomnikelo wokusela wake. 18 Waye um-
naziri eya kugugula inkloko yobunaziri
bake elucangweni lwentente yenklangano,
aze azitabate innwele zenkloko yobunaziri
bake, azibeke emlilweni ongapantsi kwa-
wo umbingo woxolo. 19 Waye umperisite
eya kucapula umkono opekiweyo kwin-
kunzi yegusha, nesonkana esingenagwele
sibe sinye esityeni, nesonkanyana esinge-
nagwele sibe kwa sinye; azibeke ezandhle-
ni zomnaziri, akuba ezigugulele *inkloko*
yobunaziri bake: 20 andule umperisite
azishukushukumise ezi*zinto* zibe ngumni-
kelo wokushukushukunyiswa pambi KWO-
YEHOVA: kuyinto eyingcwele oku kumpe-
risite, kunye nesifuba sokushukushuku-
nyiswa nomkono wokufunqufunqulwa:
angaba kamva umnaziri esela iveyine.
21 Nguwo lo umteto womnaziri oba-
mbisileyo, *now*omnikelo wake KUYEHOVA
ngenuxa yobunaziri bake, ngapandhle
kwoko isandhla sake siya kukufumana:
njengesibambiso wabebambisa ngaso, uya
kwenje njalo, njengawo umteto wobunaziri
bake.

22 WAYE UYEHOVA wateta ku-Mosesi,
esiti: 23 Teta ku-Arone nakonyana bake,
usiti: Niya kwenje njalo ukutamsanqelisa
usapo luka-Sirayeli, nisiti kulo: 24 Wa-
nga UYEHOVA angakutamsanqela, akugcine!
25 UYEHOVA makakanyise ubuso bake
pezu kwako, abe nofefe kuwe! 26 UYE-
HOVA makapakamise ubuso bake pezu kwa-
ko, akunike uxolo! 27 Babeya kubeka
igama lami pezu kwosapo luka-Sirayeli;
ndandiya kulutamsanqela mina.

7 KWAZA kwati, ngomhla wokuba ebe-
gqibile u-Mosesi ukupakamisa itabana-
kele, nokuba ebeyitambisile, wayingcwa-
lisa, nazo zonke impahla zayo, nesibingelo,
nazo zonke impahla zaso, wazitambisa,
wazingcwalisa; 2 kwanikela inkosi zakwa-
Sirayeli, inkloko zendhlu zoyise zazo,
ezibe zinkosi zezizwe, ezongama pezu
kwabo ababalweyo: 3 zaye zizisa umni-
kelo wazo pambi KWOYEHOVA, innqwelo
ezintandatu zinentente, nenkabi ezilishumi
linambini: yannye innqwelo kwezimbini
inkosi, yannye inkabi kwennye ngennye;
zazisondeza pambi kwayo itabanakele.
4 Waza UYEHOVA wateta ku-Mosesi, esiti:
5 Zamkele kuzo, ukuba zibe zezokwenza
inkonzo yentente yenklangano; wanya
kunika zona kuba-Levi, abanye ngabanye
njengenkonzo yabo. 6 Waza u-Mosesi
watabata ezonnqwelo nezonkabi, wazinika
kuba-Levi. 7 Innqwelo ezimbini, nen-
kabi ezinne, wazinika konyana baka-Gere-
shone, njengenkonzo yabo; 8 nennqwelo
ezinne, nenkabi ezisibozo, wazinika ko-
nyana baka-Merari, njengenkonzo yabo;
ngapantsi kwesandhla sika-Yitamare,
unyana ka-Arone umperisite. 9 Kanti
onyana baka-Kohati akanikanga kubo;
ngokuba inkonzo yeyingcwele *indawo* ibi-
pezu kwabo, abatyatayo ngegxalaba.
10 Zaza inkosi zanikela *umnikelo* woku-
twasiswa kwesibingelo, ngomhla wokuta-
njiswa kwaso; zaye inkosi zinikela umni-
kelo wazo pambi kwesibingelo. 11 Waye-
siti UYEHOVA ku-Mosesi: Innye inkosi
ngemmini yayo, innye inkosi ngemmini
yayo, ziya kunikela umnikelo wazo ngen-
nxa yokutwasiswa kwesibingelo.
12 Kekaloku lowo obenikela umnikelo
wake ngemmini yokuqala wayengu-Na-
hashone, unyana ka-Haminadabi, owesizwe
sika-Juda. 13 Waye umnikelo wake
usinye isikotile sesilivere silikulu linama-
shumi matatu *leshekele* ukuba nzima kwaso,
sinye isitya sokufefela sesilivere e[illegible]he-
kele zingamashumi asixenxe, ngeshekele
yeyingcwele *indawo;* ezi zozibini zazizele



University of Fort Hare

ngumgubo ocolekileyo unyeliwe ngeoli,
ube ngumnikelo wokudhla; 14 innye
igxebeka yeshumi *leshekele* zegolide, izele
sisiqumiso; 15 innye inkunzana elitole
lenkomo, innye inkunzi yegusha, innye
imvana yomnyaka 'mnye, libe lidini loku-
tshiswa; 16 linye itakane lebokwe, libe
lidini lesono; 17 nangennxa yombingo
woxolo, zimbini inkomo, zinklanu inkunzi
zegusha, zinklanu ibokwe, zinklanu imvana
zomnyaka 'mnye: nguwo lo umnikelo ka-
Nahashone, unyana ka-Haminadabi.

18 Ngemmini yesibini wanikela u-Ne-
taneli, unyana ka-Tsuhare, inkosi yo-Yisa-
kare. 19 Yena wanikela umnikelo wake,
usinye isikotile sesilivere silikulu lina-
mashumi matatu *leshekele* ukuba nzima
kwaso, sinye isitya sokufefela sesili-
vere esishekele zingamashumi asixenxe,
ngeshekele yeyingcwele *indawo;* ezi zo-
zibini zazizele ngumgubo ocolekileyo u-
nyeliwe ngeoli, ube ngumnikelo woku-
dhla; 20 innye igxebeka yeshumi *leshekele*
zegolide, izele sisiqumiso; 21 innye in-
kunzana elitole lenkomo, innye inkunzi
yegusha, innye imvana yomnyaka 'mnye,
libe lidini lokutshiswa; 22 linye ita-
kane lebokwe, libe lidini lesono; 23 na-
ngennxa yombingo woxolo, zimbini in-
komo, zinklanu inkunzi zegusha, zinklanu
ibokwe, zinklanu imvana zomnyaka 'mnye:
nguwo lo umnikelo ka-Netaneli, unyana
ka-Tsuhare.

24 Ngemmini yesitatu *yanikela* inkosi
yonyana baka-Zebulone, u-Eliyabe, u-
nyana ka-Heloni. 25 Umnikelo wake ubu-
sinye isikotile sesilivere silikulu linama-
shumi matatu *leshekele* ukuba nzima kwaso,
sinye isitya sokufefela sesilivere esishe-
kele zingamashumi asixenxe, ngeshekele
yeyingcwele *indawo;* ezi zozibini za-
zizele ngumgubo ocolekileyo unyeliwe
ngeoli, ube ngumnikelo wokudhla; 26
innye igxebeka yeshumi *leshekele* zegolide,
izele sisiqumiso; 27 innye inkunzana eli-
tole lenkomo, innye inkunzi yegusha, innye
imvana yomnyaka 'mnye, libe lidini loku-
tshiswa; 28 linye itakane lebokwe, libe
lidini lesono; 29 nangennxa yombingo
woxolo, zimbini inkomo, zinklanu inkunzi
zegusha, zinklanu ibokwe, zinklanu imvana
zomnyaka 'mnye: nguwo lo umnikelo ka-
Eliyabe, unyana ka-Heloni.

30 Ngemmini yesine *yanikela* inkosi
yonyana baka-Rubeno, u-Elitsure, unyana
ka-Shedeyure. 31 Umnikelo wake ubu-
sinye isikotile sesilivere silikulu linama-
shumi matatu *leshekele* ukuba nzima kwaso,
sinye isitya sokufefela sesilivere esishe-
kele zingamashumi asixenxe, ngeshe-
kele yeyingcwele *indawo;* ezi zozibini
zazizele ngumgubo ocolekileyo unyeliwe
ngeoli, ube ngumnikelo wokudhla; 32
innye igxebeka yeshumi *leshekele* zegolide,
izele sisiqumiso; 33 innye inkunzana eli-
tole lenkomo, innye inkunzi yegusha,
innye imvana yomnyaka 'mnye, libe lidini
lokutshiswa; 34 linye itakane lebokwe,
libe lidini lesono; 35 nangennxa yom-
bingo woxolo, zimbini inkomo, zinklanu
inkunzi zegusha, zinklanu ibokwe, zin-
klanu imvana zomnyaka 'mnye: nguwo
lo umnikelo ka-Elitsure, unyana ka-
Shedeyure.

36 Ngemmini yesihlanu *yanikela* inkosi
yonyana baka-Simone, u-Shelumiyele, u-
nyana ka-Tsurishadai. 37 Umnikelo wake
ubusinye isikotile sesilivere silikulu lina-
mashumi matatu *leshekele* ukuba nzima
kwaso, sinye isitya sokufefela sesili-
vere esishekele zingamashumi asixenxe,
ngeshekele yeyingcwele *indawo;* ezi zo-
zibini zazizele ngumgubo ocolekileyo u-
nyeliwe ngeoli, ube ngumnikelo woku-
dhla; 38 innye igxebeka yeshumi *leshekele*
zegolide, izele sisiqumiso; 39 innye in-
kunzana elitole lenkomo, innye inkunzi
yegusha, innye imvana yomnyaka 'mnye,
libe lidini lokutshiswa; 40 linye itakane
lebokwe, libe lidini lesono; 41 nangennxa
yombingo woxolo, zimbini inkomo, zin-
klanu inkunzi zegusha, zinklanu ibokwe,
zinklanu imvana zomnyaka 'mnye; nguwo
lo umnikelo ka-Shelumiyele, unyana ka-
Tsurishadai.

42 Ngemmini yesitandatu *yanikela* in-
kosi yonyana baka-Gadi, u-Eliyasafa, u-
nyana ka-Dehulę. 43 Umnikelo wake
ubusinye isikotile sesilivere silikulu lina-
mashumi matatu *leshekele* ukuba nzima
kwaso, sinye isitya sesilivere sokufe-
fela esishekele zingamashumi asixenxe,
ngeshekele yeyingcwele *indawo;* ezi zo-
zibini zazizele ngumgubo ocolekileyo u-
nyeliwe ngeoli, ube ngumnikelo woku-
dhla; 44 innye igxebeka yeshumi *leshekele*
zegolide, izele sisiqumiso; 45 innye in-
kunzana elitole lenkomo, innye inkunzi
yegusha, innye imvana yomnyaka 'mnye,
libe lidini lokutshiswa; 46 linye itakane



University of Fort Hare

lebokwe, libe lidini lesono; 47 nangennxa
yombingo woxolo, zimbini inkomo, zin-
klanu inkunzi zegusha, zinklanu ibokwe,
zinklanu imvana zomnyaka 'mnye: nguwo
lo umnikelo ka-Eliyasafa, unyana ka-
Dehule.

48 Ngemmini yesixenxe *yanikela* inkosi
yonyana baka-Frayime, u-Elishama, u-
nyana ka-Hamihude. 49 Umnikelo wake
ubusinye isikotile sesilivere silikulu lina-
mashumi matatu *leshekele* ukuba nzima
kwaso, sinye isitya sokufefela sesili-
vere esishekele zingamashumi asixenxe,
ngeshekele yeyingcwele *indawo;* ezi zo-
zibini zazizele ngumgubo ocolekileyo
unyeliwe ngeoli, ube ngumnikelo woku-
dhla; 50 innye igxebeka yeshumi *leshekele*
zegolide, izele sisiqumiso; 51 innye in-
kunzana elitole lenkomo, innye inkunzi
yegusha, innye imvana yomnyaka 'mnye,
libe lidini lokutshiswa; 52 linye itakane
lebokwe, libe lidini lesono; 53 nangennxa
yombingo woxolo, zimbini inkomo, zin-
klanu inkunzi zegusha, zinklanu ibokwe,
zinklanu imvana zomnyaka 'mnye: nguwo
lo umnikelo ka-Elishama, unyana ka-
Hamihude.

54 Ngemmini yesibozo *yanikela* inkosi
yonyana baka-Manase, u-Gamaliyeli, unya-
na ka-Pedatsure. 55 Umnikelo wake ubu-
sinye isikotile sesilivere silikulu linama-
shumi matatu *leshekele* ukuba nzima kwa-
so, sinye isitya sokufefela sesilivere esi-
shekele zingamashumi asixenxe, ngeshe-
kele yeyingcwele *indawo;* ezi zozibini
zazizele ngumgubo ocolekileyo unyeliwe
ngeoli, ube ngumnikelo wokudhla; 56
innye igxebeka yeshumi *leshekele* zegolide,
izele sisiqumiso; 57 innye inkunzana eli-
tole lenkomo, innye inkunzi yegusha, innye
imvana yomnyaka 'mnye, libe lidini loku-
tshiswa; 58 linye itakane lebokwe, libe
lidini lesono; 59 nangennxa yombingo
woxolo, zimbini inkomo, zinklanu inkunzi
zegusha, zinklanu ibokwe, zinklanu imva-
na zomnyaka 'mnye: nguwo lo umnikelo
ka-Gamaliyeli, unyana ka-Pedatsure.

60 Ngemmini yesitoba *yanikela* inkosi
yonyana baka-Benjamine, u-Abidane, u-
nyana ka-Gideyoni. 61 Umnikelo wake
ubusinye isikotile sesilivere silikulu lina-
mashumi matatu *leshekele* ukuba nzima
kwaso, sinye isitya sokufefela sesili-
vere esishekele zingamashumi asixenxe,
ngeshekele yeyingcwele *indawo;* ezi zo-
zibini zazizele ngumgubo ocolekileyo u-
nyeliwe ngeoli, ube ngumnikelo woku-
dhla; 62 innye igxebeka yeshumi *leshekele*
zegolide, izele sisiqumiso; 63 innye inku-
nzana elitole lenkomo, innye inkunzi ye-
gusha, innye imvana yomnyaka 'mnye,
libe lidini lokutshiswa; 64 linye itakane
lebokwe, libe lidini lesono; 65 nangennxa
yombingo woxolo, zimbini inkomo, zinkla-
nu inkunzi zegusha, zinklanu ibokwe,
zinklanu imvana zomnyaka 'mnye: nguwo
lo umnikelo ka-Abidane, unyana ka-
Gideyoni.

66 Ngemmini yeshumi *yanikela* inkosi
yonyana baka-Dane, u-Ahihezere, unyana
ka-Hamishadai. 67 Umnikelo wake ubu-
sinye isikotile sesilivere silikulu linama-
shumi matatu *leshekele* ukuba nzima kwaso,
sinye isitya sokufefela sesilivere esishe-
kele zingamashumi asixenxe, ngeshekele
yeyingcwele *indawo;* ezi zozibini zazizele
ngumgubo ocolekileyo unyeliwe ngeoli,
ube ngumnikelo wokudhla; 68 innye
igxebeka yeshumi *leshekele* zegolide, izele
sisiqumiso; 69 innye inkunzana elitole
lenkomo, innye inkunzi yegusha, innye im-
vana yomnyaka 'mnye, libe lidini loku-
tshiswa; 70 linye itakane lebokwe, libe
lidini lesono; 71 nangennxa yombingo
woxolo, zimbini inkomo, zinklanu inkunzi
zegusha, zinklanu ibokwe, zinklanu im-
vana zomnyaka 'mnye: nguwo lo umni-
kelo ka-Ahihezere, unyana ka-Hamishadai.

72 Ngemmini yeshumi linesinye *yanikela*
inkosi yonyana baka-Ashere, u-Pagiyeli,
unyana ka-Okerane. 73 Umnikelo wake
ubusinye isikotile sesilivere silikulu lina-
mashumi matatu *leshekele* ukuba nzima
kwaso, sinye isitya sokufefela sesili-
vere esishekele zingamashumi asixenxe,
ngeshekele yeyingcwele *indawo;* ezi zo-
zibini zazizele ngumgubo ocolekileyo
unyeliwe ngeoli, ube ngumnikelo woku-
dhla; 74 innye igxebeka yeshumi *leshekele*
zegolide, izele sisiqumiso; 75 innye inku-
nzana elitole lenkomo, innye inkunzi ye-
gusha, innye imvana yomnyaka 'mnye,
libe lidini lokutshiswa; 76 linye itakane
lebokwe, libe lidini lesono; 77 nangennxa
yombingo woxolo, zimbini inkomo, zin-
klanu inkunzi zegusha, zinklanu ibokwe,
zinklanu imvana zomnyaka 'mnye: nguwo
lo umnikelo ka-Pagiyeli, unyana ka-
Okerane.

78 Ngemmiui yeshumi linesibini *yanikela*



University of Fort Hare

inkosi yonyana baka-Nefatali, u-Ahira, u-
nyana ka-Henani. 79 Umnikelo wake
ubusinye isikotile sesilivere silikulu li-
namashumi matatu *leshekele* ukuba nzima
kwaso, sinye isitya sokufefela sesili-
vere esishekele zingamashumi asixenxe,
ngeshekele yeyingcwele *indawo;* ezi zo-
zibini zazizele ngumgubo ocolekileyo
unyeliwe ngeoli, ube ngumnikelo woku-
dhla; 80 innye igxebeka yeshumi *leshe-*
*kele* zegolide, izele sisiqumiso; 81 innye
inkunzana elitole lenkomo, innye inkunzi
yegusha, innye imvana yomnyaka 'mnye,
libe lidini lokutshiswa; 82 linye itakane
lebokwe, libe lidini lesono; 83 nangen-
nxa yombingo woxolo, zimbini inkomo,
zinklanu inkunzi zegusha, zinklanu ibo-
kwe, zinklanu imvana zomnyaka 'mnye:
nguwo lo umnikelo ka-Ahira, unyana ka-
Henani.
84 Oku kukokwokutwasiswa kwesibi-
ngelo, ngomhla wokutanjiswa kwaso, zin-
kosi zakwa-Sirayeli; ishumi linesibini
lezikotile zesilivere, ishumi linesibini le-
zitya zokufefela zesilivere, ishumi line-
sibini legxebeka zegolide. 85 Izikotile
zesilivere zazilikulu linamashumi matatu
*leshekele* ngazinye; izitya zokufefela za-
zingamashumi asixenxe *eshekele* ngazinye:
yonke isilivere yezimpahla yangamawaka
mabini anamakulu mane *eshekele*, ngeshe-
kele yeyingcwele *indawo.* 86 Igxebeka
zegolide ezilishumi linesibini, zizele sisi-
qumiso, ezinnye ngezinnye zazilishumi
*leshekele*, ngeshekele yeyingcwele *indawo:*
yonke igolide yazo igxebeka yalikulu
linamashumi mabini *leshekele.* 87 Zonke
inkomo zedini lokutshiswa zazilishumi
linambini lenkunzana, inkunzi zegusha
zalishumi linambini, imvana zomnyaka
'mnye zalishumi linambini, kunye nomni-
kelo wokudhla wazo; namatakane ebokwe
alishumi linamabini, awedini lesono. 88
Kanjalo zonke inkomo zombingo woxolo
zazingamashumi mabini ananne enkunzana,
inkunzi zegusha zangamashumi matandatu,
ibokwe zakwa ngamashumi matandatu, im-
vana zomnyaka 'mnye zangamashumi mata-
ndatu *nazo.* Oku kukokwokutwasiswa
kwesibingelo, emveni kwokutanjiswa kwa-
so.
89 Wati akungena u-Mosesi ententeni
yenklangano ukuza kuteta NAYE, wandula
weva ilizwi liteta kuye, lipezulu pezu kwe-
sihlalo sofefe esisetyeyeni yesinqìno, kwa
pakati kwazo ikerubime zombini: waza
wateta kuye.

8 WAYE UYEHOVA wateta ku-Mosesi, e-
siti: 2 Teta no-Arone, uti kuye: Nxa
umisayo izibane, ziya kukanyisa malunga-
na nekandelare izibane zosixenxe. 3 Wenje
njalo ke u-Arone; malungana nekandelare
wamisa izibane zayo, njengokuba UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi. 4 (Elisetyenzwa le-
kandelare belilelegolide ekandelweyo; kwa
kuso isikondo sayo, kwada kwakuzo intya-
tyambo zayo, ibilisetyenzwa elikandelwe-
yo; njengesimilo UYEHOVA wambonisayo
u-Mosesi, wabeyenzile ikandelare kwa
ngokunjalo.)
5 Waza UYEHOVA wateta ku-Mosesi esiti:
6 Tabata aba-Levi pakati kwosapo luka-
Sirayeli, ubacokise. 7 Uya kwenje njalo
kubo, ukubacokisa: Tshiza pezu kwabo
amanzi okuhlambulula; bati bona badhlu-
lise isitshetshe sokuguya pezu kwayo yonke
innyama yabo, bahlanze izivato zabo, ba-
zicokise. 8 Bandule batabate inkunzana
elitole lenkomo, nomnikelo wokudhla wa-
yo, umgubo ocolekileyo unyeliwe ngeoli;
nennye inkunzana elitole lenkomo uya ku-
yitabata ibe lidini lesono. 9 Wauya ku-
sondeza aba-Levi pambi kwentente yenkla-
ngano; uze uhlanganisele ndawonye yonke
inklanganiso yosapo luka-Sirayeli. 10 Wa-
uya kusondeza aba-Levi ebusweni BUKAYE-
HOVA; luti usapo luka-Sirayeli lulalise iza-
ndhla zalo pezu kwaba-Levi. 11 Kanjalo
u-Arone wonikela aba-Levi babe ngumni-
kelo ebusweni BUKAYEHOVA uvela kulo
usapo luka-Sirayeli, ukuba babe ngabokwe-
nza inkonzo KAYEHOVA. 12 Baye aba-Levi
beya kulalisa izandhla zabo pezu kwenklo-
ko zenkunzana ezo; uze wena wenze ennye
ibe lidini lesono, nennye ibe lidini loku-
tshiswa, KUYEHOVA, ukuxolisela aba-Levi.
13 Wauya kumisa aba-Levi ebusweni
buka-Arone, nasebusweni bonyana bake,
ubanikele babe ngumnikelo KUYEHOVA. 14
Uya kubahlula njalo aba-Levi pakati kwo-
sapo luka-Sirayeli, ukuba aba-Levi babe
ngabami. 15 Nasemva kwoku baya kungena
aba-Levi ukuya kukonza ententeni yenkla-
ngano: wauya kubacokisa, ubanikele babe
ngumnikelo. 16 Ngokuba bona begqitye-
lwe ukunikwa kumi pakati kwosapo luka-
Sirayeli; esikundhleni sabo bonke ekuzi-
tyulwa ngabo, samazibulo alo lwonke usapo
luka-Sirayeli, ndizitabatele bona. 17 Ngo-



University of Fort Hare

kuba onke amazibulo pakati kwosapo luka-
Sirayeli engawami, awabantu nawezilo:
umhla ndandibeta onke amazibulo ezweni
le-Jipete ngawo, ndawenza ngewele wona
kumi. 18 Naba-Levi ndibatabatile esiku-
ndhleni sawo onke amazibulo pakati kwo-
sapo luka-Sirayeli. 19 Kanjalo ndibanikile
aba-Levi, abanikiweyo ku-Arone nakonya-
na bake kwa pakati kwosapo luka-Sirayeli,
ukuyenza inkonzo yosapo luka-Sirayeli
ententeni yenklangano, nokwenzela usapo
luka-Sirayeli uxoliso, ukuba kungabiko
pakati kwosapo luka-Sirayeli isibulalo, lwa-
kusondela usapo luka-Sirayeli kweyingcwe-
le indawo.

20 Bati ke u-Mosesi, no-Arone, nayo
yonke inklanganiso yosapo luka-Sirayeli,
benzela aba-Levi njengako konke UYEHOVA
abemyalele u-Mosesi pezu kwaba-Levi,
lwenje njalo ke kubo usapo luka-Sirayeli.
21 Baza aba-Levi bazihlambulula, bahlanza
izivato zabo; waye u-Arone wabanikela
babe ngumnikelo ebusweni BUKAYEHOVA:
wati kanjalo u-Arone wabenzela uxoliso
ukubacokisa. 22 Nasemveni kwoku ba-
ngena aba-Levi ukuya kuyenza inkonzo
yabo ententeni yenklangano, ebusweni
buka-Arone, nasebusweni bonyana bake;
njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-Mosesi
pezu kwaba-Levi, benje njalo kubo.

23 Waye UYEHOVA wateta ku-Mosesi, esiti:
24 Oku kukokwaba-Levi: Abaminyaka
ingamashumi mabini anesihlanu nabape-
zulu, ubudala babo, baya kungena ukwenza
ubukonzo, emsebenzini wentente yenkla-
ngano: 25 nominyaka ingamashumi ma-
hlanu, ubudala bake, uya kupuma ebuko-
nzweni balomsebenzi, aze angabuyi asebe-
nze; 26 koko eya kukonza nabazalwana
bake ententeni yenklangano, ukuba kugci-
nwe isigcinelo; kodwa umsebenzi abasayi
kuwenza. Kunjengokunjalo uya kwenza
kuba-Levi ngako ukugcina kwabo.

9 WAYE UYEHOVA wateta ku-Mosesi en-
klango ye-Sinai, ngowesibini umnyaka
emva kwokupuma kwabo ezweni le-Jipete,
ngennyanga yokuqala, esiti: 2 Ipasika malu-
yibambe usapo luka-Sirayeli ngexesha layo
elimisiweyo. 3 Ngomhla weshumi line-
sine kulennyanga, pakati kwokuhlwa, niya
kuyibamba, ngexesha layo elimisiweyo:
njengayo yonke imimiselo yayo, nanjenga-
wo onke amasiko ayo, niya kubamba yona.
4 Wandula wateta u-Mosesi elusatsheni
luka-Sirayeli, ukuba maluyibambe ipasika.
5 Lwaza lwayibamba ipasika ngoweshumi
linesine umhla wennyanga yokuqala, pa-
kati kwokuhlwa, enklango ye-Sinai: nje-
ngako konke UYEHOVA abemyalele u-Mosesi
ngako, lwenje njalo ke usapo luka-Sirayeli.

6 Kekaloku kwaye kuko amadoda *atile*,
abe encolile ngennxa yomzimba ofileyo
womntu, ukuba ebekohliwe ukubamba ipa-
sika ngalomhla: ngako asondela ebusweni
buka-Mosesi, nasebusweni buka-Arone, nga-
lomhla. 7 Aza ati lamadoda kuye: Tina
sincolile ngennxa yomzimba ofileyo wom-
ntu; kunganina ukuba sinqandwe, side
singabi nakunikela umnikelo KAYEHOVA
ngexesha lawo elimisiweyo, pakati kwosa-
po luka-Sirayeli? 8 Wayesiti kuwo u-Mo-
sesi: Hlalani nimi, ndandiya kuva into
UYEHOVA woyiyalela ngani.

9 Waza UYEHOVA wateta ku-Mosesi, esi-
ti: 10 Teta nosapo luka-Sirayeli, usiti:
Xeshekweni umntu wakuni, umhlaumbi
wakuzo izizukulwana zenu, ancolile ngen-
nxa yomzimba ofileyo, umhlaumbi useku-
hambeni okukude, uya kubamba ipasika
noko KUYEHOVA. 11 Ngennyanga yesibini,
ngoweshumi linesine umhla, pakati kwoku-
hlwa, baya kubamba yona; kunye nezonka
ezingenagwele n*emifuno* erara baya kuyi-
dhla. 12 Abayi kusalisa 'nto kuyo kude
kuse; abayi kwapula nalinye itambo
kuyo kanjalo: njengayo yonke imimiselo
yepasika baya kuyibamba. 13 Nomntu
ongococekileyo, engabi sekuhambeni, oya
kuyeka ukubamba ipasika, uya kunqanyu-
lwa umpefumlo lowo ebantwini bawo: ngen-
nxa yokuba umnikelo KAYEHOVA engawu-
nikelanga ngelimisiweyo ixesha lawo, uya
kutwala isono sake lowamntu. 14 Naxe-
shekweni kupambukele kuni owasemzini,
oya kubamba ipasika KUYEHOVA; njengom-
miselo wepasika, nanjengesiko layo, kwa
njalo uya kuyibamba: ummiselo okwa
'mnye woba kuni, nakowasemzini nako-
zelweyo elizweni.

15 KEKALOKU ngomhla wokupakanyi-
swa kwayo itabanakele, laza ilifu lasibe-
kela itabanakele, kwa intente yesingqino;
elati ngokuhlwa lapezu kwetabanakele nje-
ngokubonakala kwomlilo, kwada kwasa.
16 Kwaye kunjalo futi: ilifu layisibekela,
nangobusuku kwakuko ukubonakala kwom-
lilo. 17 Kwati kwakunyuswa ilifu ente-
nteni, lwandula emveni kwoko lwandulukа



niversity of Fort Hare

usapo luka-Sirayeli; nasendaweni apo la-
hlala kona ilifu, kwa kona lwati waca usapo
luka-Sirayeli. 18 Ngelizwi LIKAYEHOVA
lwanduluka usapo luka-Sirayeli, nangelizwi
LIKAYEHOVA lwati waca: yonke imihla la-
hlalayo ilifu pezu kwetabanakele, lwati
waca. 19 Naxeshekweni ilifu belilibala
pezu kwetabanakele imihla yamininzi, lwa-
ndula usapo luka-Sirayeli lwasigcina isigci-
nelo SIKAYEHOVA, lunganduluki nje. 20
Kwaye kute, lakuba ilifu libe liyimihla
emincinane pezu kwetabanakele; ngelizwi
LIKAYEHOVA lwati waca, nangelizwi LIKAYE-
HOVA lwanduluka. 21 Kwaye kute, laku-
ba ilifu beliko kwa sekuhlweni kwada
kwasa, laza ilifu lenyuswa ngokusa, lwa-
ndula lwanduluka: nokuba bekusemmini,
nokuba bekusebusuku, kwenyuswayo ilifu,
lwandula lwanduluka. 22 Nokuba be-
kuyimihla mibini, nokuba bekuyinnya-
nga, nokuba bekungumnyaka, kwalibalayo
ilifu pezu kwetabanakele, lihleli pezu
kwayo, lwati waca usapo luka-Sirayeli,
lunganduluki nje; koko lakunyuswa, lwa-
nduluka ke. 23 Ngelizwi LIKAYEHOVA
lwati waca, nangelizwi LIKAYEHOVA lwa-
nduluka: isigcinelo SIKAYEHOVA lwasigcina,
ngelizwi LIKAYEHOVA, ngesandhla sika-
Mosesi.

10 WAZA wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Zenzele amaxilongo abe ma-
bini ngesilivere; ngesetyenzwa elikande-
lweyo uya kuwenza: woba nawo ukuba
kubizwe inklanganiso, nokuba kundululwe
amabandhla. 3 Nxa bavutelayo ngawo,
yonke inklanganiso yozihlanganisela kuwe
ngaselucangweni lwentente yenklangano.
4 Kanti nxa bavutelayo ngalinye, kuya
kwandula kuhlanganiselwa ngakuwe inko-
si, inkloko zamawaka akwa-Sirayeli. 5 Nxa
nihlokomisayo ivuso, seleya kunduluka
amabandhla ate waca ngasempumalanga:
6 nxa nihlokomisayo ivuso ngokwesibini,
seleya kunduluka amabandhla ate waca
ngasesuyide: baya kuhlokomisa ivuso
ngennxa yenduluko zawo. 7 Kanti eku-
hlanganisweni kwomhlambi, baya kuvu-
tela, kodwa abayi kulenza ivuso. 8 Boba
ngonyana baka-Arone, abaperisite, abaya
kuvutela ngawo amaxilongo; babeya kuba
ngummiselwa ongunapakade kuni ngezizu-
kulwana zenu. 9 Naxeshekweni niya
ukulwa elizweni lenu ngakulo utshaba olu-
nibandezelayo, niya kwandula nenzo ivuso
ngamaxilongo lawo; naniya kukunjulwa
ebusweni BUKAYEHOVA, UTIXO wenu, nisi-
ndiswe nokusindiswa ezintshabeni zenu.
10 Kanjalo emhleni wovuyo lwenu, na-
semitendelekweni yenu, nasekutwaseni
kwennyanga zenu, niya kuvutela ngama-
xilongo pezu kwamadini okutshiswa enu,
napezu kwemibingo yoxolo yenu; ize ibe
yinkunjulelwa kuni pambi KWOTIXO wenu:
mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu.

11 KWAZA kwati, ngomnyaka wesibini,
ngeyesibini innyanga, ngowamashumi ma-
bini *umhla* walonnyanga, kwenyuswa ilifu
kuyo itabanakele yesinqino. 12 Lwandula
lwanduluka usapo luka-Sirayeli, ngendu-
luko zalo, enklango ye-Sinai; lati ilifu
lahlala enklango ye-Parane. 13 Lwayo
lunduluka ngokwokuqala, ngelizwi LIKA-
YEHOVA, ngesandhla sika-Mosesi.
14 Kwaza kwanduluka ibanile yeba-
ndhla lonyana baka-Juda kuqala, ngemi-
kosi yabo; napezu kwomkosi wake ebe-
ngu-Nahashone, unyana ka-Haminadabi.
15 Napezu kwomkosi wesizwe sonyana
baka-Yisakare ebengu-Netaneli, unyana
ka-Tsuhare. 16 Napezu kwomkosi wesizwe
sonyana baka-Zebulone ebengu-Eliyabe,
unyana ka-Heloni. 17 Kwaza kwahliswa
itabanakele; bandul' ukunduluka onyana
baka-Gereshone nonyana baka-Merari, be-
twele itabanakele. 18 Yaza yanduluka
ibanile yebandhla lika-Rubene, ngemikosi
yabo; napezu kwomkosi wake ebengu-
Elitsure, unyana ka-Shedeyure. 19 Na-
pezu kwomkosi wesizwe sonyana baka-
Simone ebengu-Shelumiyele, unyana ka-
Tsurishadai. 20 Napezu kwomkosi wesizwe
sonyana baka-Gadi ebengu-Eliyasafa, unya-
na ka-Dehule. 21 Kwandul' ukunduluka
ama-Kohati, etwele eyingcwele indawo:
bati *abanye* bapakamisa itabanakele kwada
kwafikwa ngawo. 22 Yaza yanduluka
ibanile yebandhla lonyana baka-Frayime,
ngemikosi yabo; napezu kwomkosi wake
ebengu-Elishama, unyana ka-Hamihude.
23 Napezu kwomkosi wesizwe sonyana
baka-Manase ebengu-Gamaliyeli, unyana
ka-Pedatsure. 24 Napezu kwomkosi we-
sizwe sonyana baka-Benjamine ebengu-
Abidane, unyana ka-Gideyoni. 25 Yaza
yanduluka ibanile yebandhla lonyana baka-
Dane, ibuta ngasemva kwawo onke amaba-
ndhla, ngemikosi yabo; napezu kwomkosi
wake ebengu-Abihezere, unyana ka-Hami-



University of Fort Hare

shadai. 26 Napezu kwomkosi wesizwe
sonyana baka-Ashere ebengu-Pagiyeli,
unyana ka-Okerane. 27 Napezu kwom-
kosi wesizwe sonyana baka-Nefatali ebe-
ngu-Ahira, unyana ka-Henani. 28 Ezi
zizinduluko zosapo luka-Sirayeli, ngemi-
kosi yalo, lwakunduluka.

29 Wabesiti u-Mosesi ku-Hobabe, unya-
na ka-Rehule, um-Midiyane, usomfazi ka-
Mosesi: Siyahamba tina ukuya kulondawo
utshilo UYEHOVA ngayo ukuti: Ndoninika
yona; yiza nati, sasiya kukwenzela okulu-
ngileyo: ngokuba UYEHOVA etetile okulu-
ngileyo pezu kwo-Sirayeli. 30 Wayesiti
kuye: Andiyi kuya; koko ndiya kuya eli-
zweni lakowetu, nakubalamane bami.
31 Waza wati: Uze ungasishiyi ke; ngo-
kuba, ekubeni ukwaziyo ukuti waca kwetu
enklango, uya kuba ngamehlo kuti.
32 Kwakuya kuti, nxa uya kuhamba nati,
ewe, kuya kuti, okokulunga UYEHOVA aya
kukwenza kuti, sokwenza nakuwe.

33 Baza bemka entabeni KAYEHOVA iha-
mbo yemihla yamitatu; yati ityeya yoce-
bano LUKAYEHOVA yahamba pambi kwabo
*leyo*hambo yemihla mitatu, iye kubahlolela
indawo yokupumla. 34 Lalibe ilifu LIKA-
YEHOVA lipezu kwabo emmini, ekundulu-
keni kwabo emnqubeni.

35 Kwaye kute, yakunduluka ityeya,
wati u-Mosesi: Vuka, YEHOVA! intshaba
zako mazicitwe, nabo bakutiyayo mababa-
leke ubuso bako! 36 Kanjako yakupumla,
wati: Buyela, YEHOVA! kumawakawaka
amawaka akwa-Sirayeli!

11 KWABEKUTE, bakugungqa abantu,
kwakubi ezindhlebeni ZIKAYEHOVA:
ngokuba UYEHOVA ebesiva, yada yavuta
ingqumbo yake; waza umlilo KAYEHOVA
watshisa pakati kwabo, wagqibela *innxen-
nye* ezipelweni zomnquba. 2 Baza abantu
bakala ku-Mosesi; kwati kwakutandaza
u-Mosesi KUYEHOVA, kwadamba umlilo.
3 Ngako wabiza londawo ngegama eliyi-
Tabera; * ngokuba bekutshisa pakati kwa-
bo umlilo KAYEHOVA.

4 Kanjalo abantu abadityanisiweyo aba-
pakati kwabo babanjwa kukukanuka; lwa-
da lwabuya lwalila nosapo luka-Sirayeli,
lwati: Ngubanina oya kusidhlisa innyama?
5 Siyakumbula inklanzi esibe sizidhla e-
Jipete ngesisa; ikomkomere, nevatala, ne-

* *Oko kukuti:* Intshiso.

like, neonyine, netswele: 6 kanti kaloku
umpefumlo wetu utshile; akuko nanto,
ngapandhle kwemana le, emehlweni etu.
7 (Yaibe imana leyo injengembewu yeko-
riyande, nokubonakala kwayo kunjengoku-
bonakala kwebedolaki. 8 Besukasuka aba-
ntu, bayibuta, bayisila ematyeni, umhla-
umbi bayinqusha esinqushelweni, bayipeka
embizeni, benza ngayo nezonkana; lati
isongo layo lanjengesongo lesonkana esi-
mnandi esenziwa ngeoli. 9 Kwati kwa-
kuhla umbete pezu kwomnquba ebusuku,
kwehla imana pezu kwawo.)

10 Waye u-Mosesi weva abantu belila
ngezizalwane zabo, beseminyango yentente
zabo abanye ngabanye: yada ingqumbo
KAYEHOVA yavuta kakulu: kwakubi nase-
mehlweni ka-Mosesi. 11 Waza wati u-
Mosesi KUYEHOVA: Kunganina ukuba we-
nzele isicaka sako ububi? kunganina no-
kuba ndingafumananga ufefe emehlweni
ako, lento uwubeka umtwalo wababantu
bonke pezu kwami? 12 Ndimi na abakau-
lileyo bonke ababantu? ndimi na nobaze-
leyo, ukuba uti kumi: Batwale esifubeni
sako, njengokuba umondhli etwala umntwa-
na owanyayo, uye kwelozwe ubufungela
oyise babo ngalo? 13 Ndozuza pina innya-
ma, yokuba ndipe bonke ababantu? ngo-
kuba belila ngakumi, besiti: Sipe innya-
ma, ukuba sidhle. 14 Ndikohliwe ndinde-
dwa kukutwala bonke ababantu; ngokuba
kundisinda *oko*. 15 Ukuba kungokunjalo
undenzelayo, uke ugqibele ukundibulala,
ukuba ndifumene ufefe emehlweni ako;
ndize ndingaboni ububi bami.

16 Wandula wati UYEHOVA ku-Mosesi:
Ndihlanganisele amadoda abe ngamashumi
asixenxe kubo abadala bo-Sirayeli, lawo
uwaziyo ukuba angabadala babantu, na-
magosa abo; uze uwazise ententeni yen-
klangano, eme kona ndawonye nawe.
17 Ndoka ndihle ke, nditete nawe apo;
ndandiya kucapula kulomoya opezu kwako,
ndibeke pezu kwawo; aeya kutwalelana
nawe ekutwaleni ababantu, uze wena
ungabatwali wedwa. 18 Nasebantwini
uya kuti: Zingcwaliseleni immini yangom-
so, naniya kuyidhla innyama: ngokuba
nililile ezindhlebeni ZIKAYEHOVA, nisiti:
Ngubanina oya kusidhlisa innyama? ngo-
kuba bekumnandi kuti e-Jipete. Ngako
UYEHOVA wonipa innyama, naniya kuyidhla.
19 Asi nguwo umhla umnye uya kuyidhla,
asi yiyo nemihla mibini, asi yiyo nemihla



niversity of Fort Hare

mihlanu, asi yiyo nemihla ilishumi, asi
yiyo nemihla imashumi mabini; 20 yin-
nyanga ipela noyidhla, ide ipume ezim-
pumlweni zenu, ibe 'butyeketyeke kuni;
ngennxa yokuba nilahlile UYEHOVA opa-
kati kwenu, nalila ebusweni bake, nisiti:
Kunganina lento sapumayo e-Jipete?
21 Wayesiti u-Mosesi: Ngamawaka anga-
makulu matandatu abahamba ngennyawo,
ababantu endipakati kwabo; ute noko:
Ndobapa innyama, badhle innyanga ipela.
22 Igusha nenkomo ziya kubaxèlelwa na,
ukuba kube kokubaneleyo? zonke inklanzi
zolwandhle ziya kubabutelwa kusinina,
ukuba kube kokubaneleyo? 23 Koko
wati UYEHOVA ku-Mosesi: Isandhla SIKAYE-
HOVA sifinyele na? uya kubona kaloku
ukuba ilizwi lami liya kukuhlela, linga-
*kuhleli* kusinina.

24 Wapuma ke u-Mosesi, wawateta eba-
ntwini amazwi KAYEHOVA; wandula wa-
hlanganisa amadoda amashumi asixenxe
kubo abadala babantu, wawamisa ngento
engqongayo intente. 25 Waza wehla UYE-
HOVA ngelifu, wateta kuye, wacapula kulo-
moya opezu kwake, wabeka pezu kwawo
amadoda asixenxe, abadala abo; kwaza
kwati, kwakupumla pezu kwabo umoya
lowo, baprofitesha, bengapindanga kodwa.
26 Koko bekusala amadoda amabini emnqu-
beni, eliti igama lomnye lingu-Eledadi,
negama lomnye lingu-Medadi; waye umo-
ya lowo wapumla pezu kwabo, (ngokuba
bona bebepakati kwababàlelweyo, kanti
bebengapumanga ukuya ententeni,) bapro-
fitesha emnqubeni. 27 Yasuka yagidima
indodana, yaxela ku-Mosesi, yati: u-Ele-
dadi no-Medadi baprofitesha emnqubeni.
28 Waza wapendula u-Yoshuwa, unyana
ka-Nune, umkonzi ka-Mosesi, owamadoda-
na ake, wati: Nkosi yami, Mosesi! baqo-
koqele. 29 Wati kuye u-Mosesi: Une-
kwele ngennxa yami na? Akwaba bonke
abantu BAKAYEHOVA babengabaprofite, uku-
ba UYEHOVA abeke pezu kwabo umoya
wake! 30 Waza u-Mosesi wabutela emnqu-
beni, yena nabadala bo-Sirayeli.

31 Kwandul' ukunduluka ummoya KU-
YEHOVA, wadhlulisa izagwityi zivela elwa-
ndhle, waziwisa ngasemnqubeni, ngoku-
ngati yihambo yemmini 'nnye ngelicala,
nangokungati yihambo yemmini 'nnye
ngeliya, ezindaweni ezingqongayo umnqu-
ba; zaye zingati zizikubite 'mbini pezu
kwobuso bomhlaba. 32 Besuka ke abantu
yonke immini leyo, nabo bonke ubusuku,
nayo yonke immini elandelayo, babuta iza-
gwityi: owenza ngokuncinane wabuta za-
zilishumi ihomere: baye bezanekela ezin-
daweni ezingqongayo umnquba. 33 Nxa
innyama leyo isepakati kwamazinyo abo,
ingekahlafunwa, yavuta ingqumbo KAYE-
HOVA ngakubo abantu, waza UYEHOVA wa-
beta abantu ngesibeto esikulu kakulu.
34 Ngako kwabizwa igama lalondawo
ngokuti yi-Kibrote-hatava:* ngokuba be-
kukona banewabayo abantu ababekanu-
kile.

35 Banduluka abantu e-Kibrote-hatava
baya e-Hatserote; baza bako e-Hatserote.

12 KWANDULA kwateta u-Miriyame
no-Arone ngakuye u-Mosesi, ngetuba
lomfazi, lom-Kushekazi, owabemzekile:
ngokuba ebemzekile umfazi ongum-Kushe-
kazi. 2 Baye besiti: Kanene kungayo
u-Mosesi yedwa na UYEHOVA atetileyo?
akatetile nangati yinina? Weva ke UYE-
HOVA. 3 (Kekaloku indoda engu-Mosesi
ibilulamile kakulu, ngapezu kwabo bonke
abantu ababesebusweni bomhlaba.)

4 Waza UYEHOVA watsho ngesiqipu ku-
Mosesi, naku-Arone, naku-Miriyame, uku-
ti: Pumani nobatatu nize ententeni yenkla-
ngano. Baye bepuma ke bobatatu. 5 Waye
UYEHOVA esihla ngentsika yelifu, wema
emnyango wentente, wabiza u-Arone no-
Miriyame: baza bapuma bobabini. 6 Wa-
yesiti: Yivani ke amazwi ami: Ukuba
kubako umprofite pakati kwenu, mina
'YEHOVA ndiya kuzazisa ngomboniso kuye,
ngepupa ndiya kuteta naye. 7 Asinjalo
isicaka sami u-Mosesi; onyanisekile kuyo
yonke indhlu yami; 8 umlomo kumlomo
ndiya kuteta naye, kwa sekuhleni, kungabi
ngamazwi okuntsonkota; nomfanekiselo
KAYEHOVA wowukangela: yinina ke ukuba
nibe ningoyiki ukuteta ngakuso isicaka
sami, ngaku-Mosesi? 9 Yaza yavuta ingqu-
mbo KAYEHOVA ngakubo, wada wemka ke.

10 Kanjako ilifu lesuka kuyo intente;
kekaloku, bona ke, u-Miriyame ebenesile-
pero, *emhlope* njengengqweqwe: waye u-
Arone wabeka ngakuye u-Miriyame, keka-
loku, bona ke, waenesilepero. 11 Waza
wati u-Arone ku-Mosesi: Au, nkosi yami!
zungabeki pezu kwetu isono, esenze ngo-
budenge ngaso, nesonileyo ngaso. 12 Ma-

* *Oko kukuti:* Amancwaba enkanuko.



University of Fort Hare

kangabi njengofileyo, oti ekupumeni kwake
esizalweni sonina seidhliwe innxennye
yennyama yake. 13 Wandul' ukukala u-
Mosesi KUYEHOVA, esiti: TIXO! zumpilise
ke! 14 Wati UYEHOVA ku-Mosesi: Ukuba
uyise ebeke wamtshicela ubuso, ange
engadani na imihla isixenxe? makatshixe-
lwe imihla ibe 'sixenxe ngapandhle
kwomnquba, ati kamva *abuye* amkelwe.
15 Waza u-Miriyame watshixelwa ngapa-
ndhle kwomnquba imihla yasixenxe: bayo
abantu benganduluki kwada kwamkelwa
u-Miriyame.

16 Kodwa kamva, kwanduluka abantu
e-Hatserote, baya bati waca enklango ye-
Parane.

13 WANDULA wateta UYEHOVA ku-Mo-
sesi, esiti: 2 Susa amadoda, aye ku-
panda ilizwe le-Kanane, endinika lona
elusatsheni luka-Sirayeli: innye indoda
yesizwe soyise bayo, innye indoda yesizwe
soyise bayo, uya kuyisusa, onke ezinkosi
pakati kwalo. 3 Waza u-Mosesi wawasusa
enklango ye-Parane, ngelizwi LIKAYEHOVA:
onke lamadoda ebezinkloko zosapo luka-
Sirayeli. 4 Ngawo la amagama awo: eye-
sizwe sika-Rubene, ibingu-Shamuha unya-
na ka-Zakure; 5 eyesizwe sika-Simone,
ibingu-Shafate unyana ka-Hori; 6 eyesi-
zwe sika-Juda, ibingu-Kalebi unyana ka-
Jefune; 7 eyesizwe sika-Yisakare, ibingu-
Yigali unyana ka-Josefe; 8 eyesizwe sika-
Frayime, ibingu-Hosheha unyana ka-Nune;
9 eyesizwe sika-Benjamine, ibingu-Paliti u-
nyana ka-Rafu; 10 eyesizwe sika-Zebulone,
ibingu-Gadiyeli unyana ka-Sodi; 11 eye-
sizwe sika-Josefe,—eyesizwe sika-Manase,
ibingu-Gadai unyana ka-Susi; 12 eyesizwe
sika-Dane, ibingu-Hamiyeli unyana ka-
Gemali; 13 eyesizwe sika-Ashere, ibingu-
Seture unyana ka-Mikaheli; 14 eyesizwe
sika-Nefatali, ibingu-Nahibi unyana ka-
Vovosi; 15 eyesizwe sika-Gadi, ibingu-
Gewuheli unyana ka-Maki. 16 Ngawo la
amagama alomadoda, abewasusa u-Mosesi
ukuya kupanda elozwe: waye u-Mosesi
wambiza u-Hosheba, unyana ka-Nune,
ngo-Yoshuwa.

17 Kwa njalo u-Mosesi wawatuma ukuya
kupanda ilizwe le-Kanane, wati kuwo:
Nyukela ngapa esuyide, nikwele entabeni;
18 nikangele ilizwe ukuba linjanina; na-
bantu abemiyo kulo, ukuba bomelele na,
babutataka kusinina, ukuba bancinane na,
baninzi kusinina; 19 nelizwe abemiyo
kulo ukuba linjanina, ukuba lihle na, libi
kusinina; nezixeko abahleli kuzo ukuba
zinjanina; ukuba baseminqubeni na, base-
zinnqatyeni kusinina; 20 nomhlaba ukuba
unjanina, ukuba utyebile na, ubityile kusi-
nina, ukuba iko na imiti kuwo, ayiko
kusinina; nize nizomeleze, nitabate kuko
ukuqama kwomhlaba. Kekaloku ezontsuku
zazintsuku zolibo lwedreyive.

21 Asuka enyuka ke, apanda ilizwe,
kwa senklango ye-Tsine kwada kwase-
Rehobi, njengokuba kuyiwe e-Hamati.
22 Aza enyukela esuyide, afika e-Hebrone;
apo babe*kona* o-Ahimane, o-Sheshai, no-
Talemai, abenzalo ka-Hanaki. (Kekaloku
i-Hebrone ibe yakiwe iminyaka yasixe-
nxe ingekakiwanga i-Tsohane e-Jipete.)
23 Andula afika entilini ye-Shekole, anqu-
mla kona apo isebe linesipa ledreyive
sasinye, asitwala ngesibonda pakati kwa-
mabini *amadoda; atuta* nakuzo igranate,
nakuyo imikiwane. 24 Leyondawo yabi-
zwa ngokuti yintili ye-Shekole,* ngetuba
lesosipa sedreyive olube lusinqumlile apo
usapo luka-Sirayeli.

25 Ada abuya ekupandeni ilizwe, eku-
peleni kwemihla imashumi mane. 26 Aya
eza ku-Mosesi, naku-Arone, nakuyo yonke
inklanganiso yosapo luka-Sirayeli, enkla-
ngo ye-Parane, e-Kadeshe; ababuyisela ili-
zwi, nayo yonke inklanganiso, ababonisa
isiqamo selizwe. 27 Aza ambalisela, ati:
Saye sifika kwelozwe ubusituma kulo: eliti
okunene lilizwe elela ubisi nobusi; nasi ke
nesiqamo salo. 28 Kodwa noko abantu
abemiyo kwelozwe banamandhla, nezixeko
zabo zinqatyisiwe, zikulu kakulu: nakanja-
ko abenzalo ka-Hanaki sasibabona apo.
29 Ama-Amaleki emi elizweni lasesuyide;
nama-Hete, nama-Yebusi, naba-Amori,
bona bemi ezintabeni; kanjalo aba-Kanane
bemi ngaselwandhle, nangasecaleni le-
Yoredane.

30 Waza u-Kalebi wabatutuzela abantu
pambi kwo-Mosesi, wati: Nyukani sinyuke,
siye silibambe; ngokuba siya kugqibela
ukuleyisa. 31 Kodwa amadoda abenyuke
naye ati: Sikohliwe kukunyuka ngakubo
abobantu, ngokuba bona besigqitisile nga-
mandhla. 32 Kwa njalo avela nenklebo
ngelozwe abepandile lona ukuza elusa-
tsheni luka-Sirayeli, esiti: Elozwe, esibe

* *Oko kukuti:* Isipa sedreyive.



University of Fort Hare

sicanda kulo silipande, lilizwe elidhlayo
abemi balo; kanjalo bonke abantu esasiba-
bona pakati kwalo bangamadoda obude
obukulu. 33 Nalapo sasibona imindo-
ndosholo, usapo luka-Hanaki, *oluvela* kuyo
imindondosholo: saye sisemehlweni etu
njengemicikwane, sakwa njalo naseme-
hlweni alo.

14 Yasuka yakala yonke inklanganiso,
yakupa ilizwi labo; bati abantu balila
ngobusuku obo. 2 Lwaza lwonke usapo
luka-Sirayeli lwarora ngaku-Mosesi nanga-
ku-Arone; kanjalo yonke inklanganiso
yati kubo: Akwaba sabesifele ezweni le-
Jipete! umhlaumbi akwaba sabesifele ku-
lenklango! 3 Kunganina ke ukuba UYE-
HOVA usizisile kwelilizwe, size siwe ngesi-
rele, bati abafazi betu, nentsapo zetu, babe
lixoba? Kanene akungesilungele ukubu-
yela e-Jipete na? 4 Baza bati omnye
kwomnye: Masidale inkloko, sibuyele e-
Jipete.

5 Bandul' ukuwa u-Mosesi no-Arone
ngobuso babo, pambi kwawo wonke um-
hlambi wenklanganiso yosapo luka-Sira-
yeli. 6 Bati no-Yoshuwa unyana ka-Nune,
no-Kalebi unyana ka-Jefune, bengabakubo
ababepandile ilizwe, barazula izivato zabo;
7 bateta kuyo yonke inklanganiso yosapo
luka-Sirayeli, besiti: Elozwe, esibe sica-
nda kulo silipande, lilizwe elilungileyo
kakulu kunene. 8 Ukuba UYEHOVA uyasi-
tanda, uya kwandula asizise kwelolizwe,
alinike kuti; ilizwe elela ubisi nobusi.
9 Zeniti kodwa ningamvukeli UYEHOVA,
nabantu belozwe ningaboyiki; ngokuba
besisonka setu; kumkile kubo umtu-
nzi wabo, UYEHOVA unati; ningaboyiki.
10 Yati kodwa yonke inklanganiso: Ma-
bagityiselwe ngamatye.

Kwandul' ukubonakala ubungcwalisa
BUKAYEHOVA ententeni yenklangano, pambi
kwalo lonke usapo luka-Sirayeli. 11 Waza
wati UYEHOVA ku-Mosesi: Kude kube
ninina ababantu bondidela? nakude kube
ninina bangakolwa ndimi, ngennxa yayo
yonke imiqondiso endiyenzileyo pakati
kwabo? 12 Ndiya kubabeta ngesifo
esibubisayo, ndibagqogqe nokubagqogqa;
ndandiya kukwenza wena ube luhlanga
olukulu nolunamandhla pezu kwabo.

13 Kuloko u-Mosesi wati KUYEHOVA:
Kwohla kuvakale kuma-Jipete, (ngokuba
ubauyusile ngamandhla ako ababantu kwa
pakati kwawo,) 14 ati wona axelo kubo
abemi belilizwe, abavile ukuba wena,
YEHOVA! upakati kwabo ababantu, ukuba
wena, YEHOVA! uyabonwa iliso kwiliso,
nokuba ilifu lako limi pezu kwabo, nokuba
uyandulela kubo ngentsika yelifu emini,
nangentsika yomlilo ebusuku. 15 Nxa
uya kububisa ababantu njengomntu 'mnye,
ziya kwandula ukutsho inklanga ezivileyo
udumo lwako, zisiti: 16 Ngennxa yokuba
ebekohlwa UYEHOVA kukuzisa ababantu
kwelozwe wabefunga ngalo kubo, kukona
ababulele enklango. 17 Kaloku maaze ama-
ndhla ENKOSI abe makulu, njengokuba
ubuteta ngokuti: 18 UYEHOVA uqumba
kade, emkulu ngobubele, exolela inkohla-
kalo nesigqito, engake agwebele *onetyala*,
esohlwayela inkohlakalo yoyise pezu kwa-
bantwana, pezu kwesesitatu napezu kwe-
sesine *isizukulwana*. 19 Uze uke uxolele
inkohlakalo yababantu, njengobukulu bo-
bubele bako, nanjengokuba ubaxolele aba-
bantu kwa se-Jipete kwada kwalapa.

20 Waza wati UYEHOVA: Ndibaxolele
njengelizwi lako. 21 Kodwa noko, ndi-
hleli nje mina, kwozaliswa bubungcwalisa
BUKAYEHOVA umhlaba wonke. 22 Ngoku-
ba onke lomadoda abonileyo ubungcwa-
lisa bami, nemiqondiso yami, endibe ndi-
yenza e-Jipete nasenklango *apa*, endili-
ngile elishumi lamaxesha, engapulapulanga
ilizwi lami; 23 ngennyaniso akasayi kubo-
na elozwe ndibafungele oyise bawo ngalo;
kanjako bonke abandideleleyo abasayi kuli-
bona. 24 Kanti isicaka sami u-Kalebi, ngo-
kuba ebenommoya wumbi kuye, wakolisa
ukundilandela, yena ndiya kumzisa kwe-
lozwe apo wabesiya kona; kanjalo inzalo
yake yolifuya. 25 Kodwa ama-Amaleki
naba-Kanane bahleli emhlanjeni; jikani
ngomso, nihambele ngasenklango, ngen-
dhlela yaselwandhle olubomvu.

26 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi
naku-Arone, esiti: 27 Kwoda kube ninina
*endiya kunyamezela* lenklanganiso ekohla-
keleyo, erorayo ngakumi? Ukurora kwo-
sapo luka-Sirayeli olundirorelayo ngako
ndikuvile. 28 Yiti kulo: Ndihleli nje,
utsho UYEHOVA, njengokuba nitetile ezin-
dhlebeni zami, ndiya kwenje njalo kuni.
29 Kwa kulenklango ziya kuwa izidumbu
zenu; nabo bonke ababalweyo benu, ngalo
lonke inani lenu, bengabaminyaka ima-
shumi mabini nabapezulu ubudala babo,
abarorileyo ngakumi,—30 nina okunene
aniyi kungena kwelozwe, endandipaka-



University of Fort Hare

misa isandhla sami sokuba ndonihlalisa
kulo, kupela ngu-Kalebi unyana ka-
Jefune, no-Yoshuwa unyana ka-Nune.
31 Kanti intsapo zenu, enibe nisiti zoba
lixoba, zona ndiya kuzingenisa, zize zilazi
ilizwe elilahliweyo nini. 32 Kodwa nina,
izidumbu zenu ziya kuwa kulenklango.
33 Nabantwana benu bona bodungudela
enklango le iminyaka imashumi mane,
batwale imibulo yenu, kude kugqityelwe
izidumbu zenu enklango *apa*. 34 Nje-
ngenani lemihla enanipanda ilizwe ngalo,
imihla emashumi mane, umhla 'mnye u-
sendaweni yomnyaka 'mnye, umhla 'mnye
usendaweni yomnyaka 'mnye, niya ku-
twala inkohlakalo zenu, kwa iminyaka
emashumi mane; naniya kukwazi ukwa-
hlukana kwami. 35 Mina 'Yehova ndite-
tile; ngennyaniso lento ndiya kuyenza
kuyo yonke lenklanganiso ekohlakeleyo,
abazihlanganisele ngakumi: kulenklango
baya kugqibeka, nakona apo baya ku-
buba.
36 Kekaloku amadoda abewasusile u-
Mosesi ukuya kupanda ilizwe, aza abuya,
arorisa ngakuye yonke inklanganiso, ngo-
kuvelisa inklebo pezu kwelozwe, 37 kwa
lamadoda abevela nenklebo embi ngelo-
lizwe, abuba ngesibulalo ebusweni buka-
Yehova. 38 Kodwa u-Yoshuwa unyana
ka-Nune, no-Kalebi unyana ka-Jefune,
bona babesahleli kuwo amadoda lawo abe-
yile ukupanda ilizwe.
39 Waye u-Mosesi wateta lamazwi kulo
lonke usapo luka-Sirayeli: bati abantu
balila kakulu. 40 Baza bavuka kusasa,
benyukela engcopo yentaba, besiti: Nanku
silapa nje, sasiya kunyuka siye kulonda-
wo atetileyo uYehova ngayo; ngokuba
sonile. 41 Koko u-Mosesi wati: Kunga-
nina lento niya kugqita ilizwi likaYehova?
ngokuba oko kungayi kutamsanqeleka.
42 Maningenyuki, ngokuba uYehova enge-
ko pakati kwenu; ukuze ningoyiswa pambi
kwentshaba zenu. 43 Ngokuba ama-Ama-
leki naba-Kanane sebekona pambi kwenu,
naniya kuwa ngesirele: ngennxa yokuba
nipambukile kuYehova, kukona uYehova
angayi kubako nani. 44 Balinga ngeratshi
noko ukunyukela engcopo yentaba; kodwa
ityeya yocebano lukaYehova ayisukanga
pakati kwomnquba, no-Mosesi kanjalo.
45 Kwaza kwehla ke ama-Amaleki naba-
Kanane abebehlala kulontaba, bababeta,
babacita, kwada kwase-Horema.

15 WANDULA wateta uYehova ku-Mo-
sesi esiti: 2 Teta nosapo luka-Sira-
yeli, uti kulo: Nxa niya kuza elizweni la-
makaya enu, endinipa lona; 3 ukuba niya
kuwenza umnikelo owenziwa ngomlilo ku-
Yehova, idini lokutshiswa, umhlaumbi um-
bingo, ngokufeza isibambiso, umhlaumbi
ngesisa, umhlaumbi emitendelekweni yenu,
kuze kwenziwe ivumba elimnandi ku-
Yehova, kwezinkulu umhlaumbi kwezinnci-
nane inkomo: 4 makati lowo onikelayo
umnikelo wake kuYehova, asondeze um-
nikelo wokudhla weseshumi isiqingata
*seyefa* yomgubo ocolekileyo, unyeliwe nge-
sesine isiqingata sehine yeoli; 5 neve-
yine yomnikelo wokusela, uya kulungisela
idini lokutshiswa, umhlaumbi umbingo, isi-
qingata sesine sehine, ibe yeyemvana
'nnye. 6 Ukuba yinkunzi yegusha, uya
kulungisela yona umnikelo wokudhla we-
zeshumi iziqingata zibe zibini *zeyefa* yom-
gubo ocolekileyo, unyeliwe ngesiqingata
sesitatu sehine yeoli; 7 neveyine yomni-
kelo wokusela, uya kunikela isiqingata
sesitatu sehine, libe livumba elimnandi
kuYehova. 8 Naxeshekweni niya kuyenza
inkunzana ibe lidini lokutshiswa, um-
hlaumbi umbingo wokufeza isibambiso,
umhlaumbi owoxolo kuYehova; 9 maka-
sondeze neukunzana umnikelo wokudhla
wezeshumi iziqingata zibe zitatu *zeyefa*
yomgubo ocolekileyo, unyeliwe ngesiqi-
ngata sehine yeoli; 10 nomnikelo wokusela
uya kusondezela wona isiqingata sehine
yeveyine, ube ngumnikelo owenziwa
ngomlilo, wevumba elimnandi kuYehova.
11 Kuya kwenziwa njalo ngenkomo 'nnye,
umhlaumbi ngenkunzi 'nnye yegusha, um-
hlaumbi ngemvana, umhlaumbi ngetakane
lebokwe. 12 Njengenani leniya kuzilungisa,
niya kwenje njalo kwezinnye ngezinnye nje-
ngenani lazo. 13 Bonke abazelwe elizweni
bozenje njalo ezizinto, ukunikela umnikelo
owenziwa ngomlilo, wevumba elimnandi
kuYehova. 14 Naxeshekweni kupambu-
kele kuni owasemzini, umhlaumbi osu-
kuba epakati kwenu, ngezizukulwana zenu,
oya kuwenza umnikelo owenziwa ngomlilo,
wevumba elimnandi kuYehova, njengokuba
nisenza nina, uya kwenje njalo naye.
15 Ummiso okwa 'mnye woba kuni bom-
hlambi, nakowasemzini opambukeleyo *pa-
kati kwenu*, ube ngummiso ongunapakade
ezizukulwaneni zenu: njengokuba ninjalo
nina, woba njalo nowasemzini pambi kwo-



niversity of Fort Hare

YEHOVA. 16 Umteto okwa 'mnye nesiko
elikwa linye loba kuni, nakowasemzini
opambukeleyo pakati kwenu.
17 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 18 Teta nosapo luka-Sirayeli, uti
kulo: Nxa niya kufika ezweni apo ndini-
zisayo kona, 19 kwoti ke, nxa niya kutya
kuso isonka somhlaba, niya kunikela
umnikelo wokufunqufunqulwa KUYEHOVA.
20 Niya kunikela ngesonkana sesiqalo
senklama yenu, sibe ngumnikelo wokufu-
nqufunqulwa; njengomnikelo wokufunqu-
funqulwa wesibaya sokubula niya kunikela
naló. 21 Kwisiqalo senklama yenu niya
kunika KUYEHOVA umnikelo wokufunqu-
funqulwa, ngezizukulwana zenu.
22 Kanjako nxa niposisile, ningenzanga
ngayo yonke lemiyalelo, ayitetileyo UYE-
HOVA ku-Mosesi; 23 yonke UYEHOVA ani-
yalele yona ngesandhla sika-Mosesi, kwa
semhleni abemyalela UYEHOVA, nakude kwa-
kaloku, ngezizukulwana zenu; 24 kwoti
ke, ukuba kwenziwe *into* ngesiposo, *efihli-
weyo* emehlweni enklanganiso, iya kwandula
yonke inklanganiso inikele inkunzana eli-
tole lenkomo ibe 'nnye, ibe lidini lokutshi-
swa, libe livumba elimnandi KUYEHOVA, ku-
nye nomnikelo wokudhla wayo nowoku-
sela wayo, njengesiko, kwa netakane
lebokwe libe linye, libe lidini lesono.
25 Waye umperisite eya kwenzela yonke
inklanganiso yosapo luka-Sirayeli uxo-
liso, kuze kuluxolelwe: ngokuba sisiposo;
lwaluya kuzisa umnikelo walo, umnikelo
owenziwa ngomlilo KUYEHOVA, nedini le-
sono lalo, pambi KWOYEHOVA, ngennxa ye-
siposo salo: 26 kwandule kuxolelwe yonke
inklanganiso yosapo luka-Sirayeli, nowa-
semzini opambukeleyo pakati kwalo; ngo-
kuba *bekuhl*ela bonke abantu ngesiposo.
27 Kanjako ukuba kuko umntu osukuba
esona ngesiposo, lowo uya kuzisa ibokwe
eyimazi yomnyaka 'mnye, ibe lidini le-
sono. 28 Woti umperisite amenzele umntu
oposisayo uxoliso, akwona ngesiposo ebu-
sweni BUKAYEHOVA, aze amxolisele; waeya
kuxolelwa. 29 Ozelweyo pakati kwosapo
luka-Sirayeli, nowasemzini opambukeleyo
pakati kwalo, noba nomteto okwa 'mnye
kowenzayo ngesiposo.
30 Kodwa lowamntu owenzayo nge-
sandhla esipakamileyo, nokuba ungoze-
lweyo elizweni, nokuba ungowasemzini,
oyena uyagxeka UYEHOVA; ngako umntu
lowo wonqanyulwa pakati kwabantu bake.
31 Ngokuba ilizwi LIKAYEHOVA elideliIe,
nomyalelo wake ewapule, kukona aya
kugqityelwa ukunqanyulwa umntu lowo;
inkohlakalo yake yoba pezu kwake.

32 KEKALOKU usapo luka-Sirayeli
lwakuba senklango, lwafumana indoda ite-
za inkuni ngemmini yesabata. 33 Bati
abo bayifumeneyo iteza inkuni, bayizisa
ku-Mosesi, naku-Arone, nakuyo yonke
inklanganiso. 34 Baye beyifaka entolo-
ngweni, ngokuba bekungashunyayezwa
into iya kwenzelwa yona. 35 Wayesiti
UYEHOVA ku-Mosesi: Iya kufiswa ngen-
nyaniso indoda leyo; yonke inklanganiso
yoyigibisela ngamatye ngapandhle kwom-
nquba. 36 Yaza yonke inklanganiso ya-
yikupela ngapandhle kwomnquba, yayi-
gibisela ngamatye, yada yabuba; njengo-
kuba UYEHOVA wabemyalela u-Mosesi.

37 WABUYA wateta UYEHOVA ku-Mo-
sesi, esiti: 38 Teta nosapo luka-Sirayeli, ni-
luxelele ukuba maluzenzele imiqukumbe-
lo emasondweni engubo zalo, ngezizuku-
lwana zalo; nokuba lubeke pezu kwemi-
qukumbelo yamasondo usinga lwezulure;
39 eniya kuba nalo kuyo imiqukumbelo,
ukuba nilukangele, nokuba niyikumbule
yonke imiyalelo KAYEHOVA, niyenze; no-
kuba ningalandeli okweyenu inkliziyo no-
kwawenu amehlo, enibe nixerezela emva
kwako; 40 ukuze niyikumbule niyenze
yonke imiyalelo yami, nibe ngabangcwele
KUTIXO wenu. Mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO
wenu, onikupileyo ezweni le-Jipete, ndize
ndibe NGUTIXO kuni: mina ndiNGUYEHOVA,
UTIXO wenu.

16 KEKALOKU u-Kora, unyana ka-Yi-
tsare, unyana ka-Kohati, unyana ka-
Levi, watabata kwa u-Datane no-Abirame,
onyana baka-Eliyabe, no-One, unyana ka-
Pelete, onyana baka-Rubene; 2 abasukayo
pambi kwo-Mosesi, benamadoda amakulu
mabini anamashumi mahlanu elusatsheni
luka-Sirayeli, inkosi zenklanganiso, abadu-
mileyo enklanganisweni, amadoda egama.
3 Baye bebutelana ngakuye u-Mosesi na-
ngakuye u-Arone, bati kubo: Kwanele
nina! ngokuba yonke inklanganiso, bonke
abayo bebangcwele, NOYEHOVA upakati
kwabo: kunganina ke ukuba nizipakamisa
pezu kwomhlambi KAYEHOVA?
4 Wati u-Mosesi akuva *oku*, wandula



University of Fort Hare

ukuwa ngobuso bake. 5 Waza wateta
ku-Kora, nakuyo yonke imbuto yake,
esiti: Kwa kusasa UYEHOVA uya kwazisa
ongowake, noyingcwele, amsondeze kuye:
kwa lowo umnyulileyo uya kumsondeza
kuye. 6 Yenzani oku: zitabateleni izi-
qumelo, u-Kora nayo yonke imbuto yake;
7 niti kusasa nifake kuzo umlilo, nibeke
kuzo nesiqumiso pambi KWOYEHOVA; kwa-
kuya kuti, londoda aya kuyinyula UYEHOVA,
yiyo eya kuba ngcwele: kwanele nina, bo-
nyana baka-Levi!

8 Wayesiti u-Mosesi ku-Kora: Ize ni-
pulapule ke, bonyana baka-Levi! 9 Ku-
yinto encinane na kuni, ukuba UTIXO wo-
Sirayeli unahlulile enklanganisweni yo-Si-
rayeli, ukuba anisondeze kwa kuye, ukuza
kuyenza inkonzo yetabanakele KAYEHOVA,
nokuma pambi kwenklanganiso ukuba ni-
bakonze? 10 Ekusondezile nje wena, nabo
bonke abazalwana bako, usapo luka-Levi,
kunye nawe; nize nifune ubuperisite nabo
na? 11 Kungoko wena, nayo yonke im-
buto yako, nihlanganisene ngakuye UYE-
HOVA; ngokuba u-Arone, uyinto nina yena,
ukuba nirora ngakuye?

12 Waza watuma u-Mosesi ukuba kubi-
zwe u-Datane no-Abirame, onyana baka-
Eliyabe; abati: Asiyi kunyuka. 13 Ku-
yinto encinane na, okokuba usinyusile
ezweni elela ubisi nobusi, ukusibubisa
enklango, ukuba uya kuzenza nenkosi pezu
kwetu? 14 Kanjako akusizisanga ezweni
elela ubisi nobusi, nelifa lamasimi nezitiya
zemiti yeveyine akusinikanga lona: ame-
hlo alamadoda wowancotula yinina? asiyi
kunyuka.

15 Wabe u-Mosesi equmbile kakulu, wa-
ti KUYEHOVA: Ungabuki umnikelo wabo!
andisusanga kubo nalinye iqwarashe, a-
ndenzelanga namnye kubo ububi. 16 Wa-
za u-Mosesi wati ku-Kora: Wena, nayo
yonke imbuto yako, yibani sebusweni BU-
KAYEHOVA, wena, nabo, no-Arone, ngomso.
17 Nize nitabate nonke ngabanye iziqu-
melo zenu, nifake kuzo isiqumiso, nisonde-
ze pambi KWOYEHOVA nonke ngabanye izi-
qumelo zenu; iziqumelo ezingamakulu
mabini anamashumi mahlanu; nawe, no-
Arone, *nizise* iziqumelo zenu ngabanye.

18 Baza batabata abanye ngabanye izi-
qumelo zabo, bafaka kuzo umlilo, babeka
kuzo nesiqumiso, bemi elucangweni lwen-
tente yenklangano ndawonye no-Mosesi
no-Arone. 19 Waye u-Kora wabuta nga-
kubo yonke inklanganiso elucangweni
lwentente yenklangano: bandul' ukubona-
kala ubungcwalisa BUKAYEHOVA kuyo yonke
inklanganiso.

20 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi na-
ku-Arone, esiti: 21 Zahluleni kwa pakati
kwalenklanganiso, ndize ndibagqibele
njengasepanyazweni. 22 Koko bawayo
ngobuso babo, bati: TIXO, ONGUTIXO wayo
imimoya yoluntu lwonke! yoba indoda
innye yonile nje, uze uqumbele yonke
inklanganiso na?

23 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 24 Teta kuyo inklanganiso, usiti:
Nyukani kwindawo engqongayo inklalo ka-
Kora, no-Datane, no-Abirame. 25 Wase-
lesuka u-Mosesi waya ku-Datane no-
Abirame; bati abadala bo-Sirayeli bam-
landela. 26 Waza wateta kuyo inklanga-
niso, esiti: Mukani ke ezintenteni zalama-
doda akohlakeleyo, ningacukumisi nannye
into eyeyawo, hleze nibujiswe kuzo zonke
izono zawo. 27 Baza benyuka enklalwe-
ni ka-Kora, no-Datane, no-Abirame, ngama-
cala onke; koko u-Datane no-Abirame ba-
pumayo, bemi emnyango wentente zabo,
kwa nabafazi babo, nonyana babo, nentsa-
tshana zabo. 28 Wayesiti u-Mosesi: Kwa
ngoku niya kukwazi ukuba UYEHOVA
unditumile ukuze ndiyenze yonke lemi-
sebenzi; ngokuba ndinga*yenzanga* ngeya-
mi inkliziyo. 29 Ukuba kunjengokufa
kwabantu bonke kufayo aba, nokuba ku-
ngokwohlwaywa kwabantu bonke kwo-
hlwaywa bona, UYEHOVA akanditumanga.
30 Kanti ukuba UYEHOVA uyadala ummanga-
liso, uze umhlaba wakamise umlomo wawo,
ubaginye bona, nako konke abanako, bade
bahlele esihogweni behleli, niya kwandula
nikwazi ukuba lamadoda adelile UYEHOVA.

31 Kwaza kwati, akuba egqibile uku-
teta onke lamazwi, umhlaba opantsi kwa-
wo wacandeka; 32 waza umhlaba wavula
umlomo wawo, wawaginya wona, nendhlu
zawo, nabo bonke abantu aba*lunge* kuye
u-Kora, nayo yonke impahla. 33 Bayo
behlela bona, nako konke abanako, behleli
esihogweni; wati umhlaba wabaselela, ba-
za batshabalala pakati kwomhlambi. 34 Ba-
suka o-Sirayeli bonke ababebangqonga, ba-
baleka ngesikalo sabo; ngokuba bebesiti:
Hleze umhlaba usiginye *nati*.

35 Kwaye kupuma umlilo KUYEHOVA,
wawagqibela lomadoda amakulu mabini
anamashumi mahlanu abenikela isiqumiso.



iversity of Fort Hare

36 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 37 Yitsho ku-Elezari unyana ka-
Arone, umperisite, ukuba acole iziqumelo
ekutsheni; uze umlilo uwucitele kude;
ngokuba zingcwele. 38 Iziqumelo zaba-
boni ngakweyabo imipefumlo, makwenzi-
we ngazo amaceba akandelweyo abe sisa-
lekwa sesibingelo: ngokuba bezisondezile
ebusweni BUKAYEHOVA, kukona zingcwele;
zaziya kuba ngumqondiso elusatsheni luka-
Sirayeli. 39 Wandula u-Elezari, umperi-
site, watabata ezoziqumelo zexina, abebe-
zisondezile abatshisiweyo, zaza zakandelwa
zibe sisalekwa sesibingelo; 40 *esiya kuba*
yinkumkuzo elusatsheni luka-Sirayeli,
ukuba akusayi kusondela namntu ongowa-
semzini, ongenguye owenzalo ka-Arone, u-
kuza kuqumisa isiqumiso pambi KWOYE-
HOVA; ukuze angabi njengo-Kora, nanje-
ngembuto yake; njengokuba UYEHOVA ebe-
tshilo kuye ngesandhla sika-Mosesi.

41 Kwati kodwa ngomnye umhla, kwa-
rora yonke inklanganiso yosapo luka-Sira-
yeli ngaku-Mosesi nangaku-Arone, isiti:
Nina nibafisile abantu BAKAYEHOVA. 42
Kwaye kute, yakuba inklanganiso ibutelene
ngakuye u-Mosesi nangaku-Arone, babeka
ngasententeni yenklangano; kekaloku, bo-
na ke, ilifu layisibekela; babonakala nobu-
ngcwalisa BUKAYEHOVA. 43 Basuka u-Mo-
sesi no-Arone beza ngapambi kwentente
yenklangano. 44 Waza UYEHOVA wateta
ku-Mosesi, esiti: 45 Sukani pakati kwa-
lenklanganiso, ndize ndibagqibele njenga-
sepanyazweni. Bandula ukuwa ngobuso
babo.

46 Wati u-Mosesi ku-Arone: Tabata isi-
qumelo, ufake kuso umlilo uvela esibinge-
lweni, ubeke nesiqumiso, uze unxame uye
enklanganisweni, ubenzele uxoliso: ngoku-
ba sekupumile umsindo ebusweni BUKAYE-
HOVA; isibulalo sesiqaliwe. 47 Waye u-
Arone watabata njengokuba ebetshilo u-
Mosesi, wabalekela pakati kwomhlambi;
kekaloku, nasi isibulalo sesiqaliwe pakati
kwabantu: waza wafaka isiqumiso, wenzela
abantu uxoliso. 48 Wema ke pakati kwa-
bafileyo nabahleliyo: sada sanqamka isibu-
lalo. 49 Kekaloku abo babubayo ngesibu-
lalo eso, bebengamawaka alishumi line-
sine, enamakulu asixenxe, ngapandhle
kwabo abebebubile pezu kwawo umcimbi
ka-Kora. 50 Wabuya u-Arone waya ku-
Mosesi elucangweni lwentente yenklanga-
no: saza isibulalo sanqamka.

17 Wandula wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 2 Teta elusatsheni luka-Sirayeli,
uze wamkele kulo intonga ibe 'nnye nje-
ngezindhlu zoyise ezinnye ngezinnye, kwa
kuzo zonke inkosi zalo ngendhlu zoyise
zazo, intonga ezilishumi linambini: ezin-
nye ngezinnye igama lazo uya kulibàla
pezu kwentonga zazo. 3 Negama lika-
Arone uya kubàla lona pezu kwentonga
ka-Levi: ngokuba intonga 'nnye iya kuba
koyinkloko yezindhlu zoyise zalo. 4 Wau-
ya kuzibekela ententeni yenklangano pa-
mbi kwesinqìno, apo ndiya kuhlangana
nawe kona. 5 Kwoti ke, londoda ndiyi-
nyulileyo intonga yayo iya kuntsula;
ndandiya kudambisa kumi ukurora kwalo
usapo luka-Sirayeli, olwarora ngako nga-
kuni.

6 Waza u-Mosesi wateta elusatsheni
luka-Sirayeli; zaye zonke inkosi zalo zanika
kuye intonga, ezinnye ngezinnye intonga
'nnye, ngendhlu zoyise zazo, intonga ezi-
lishumi linambini; yabiko nentonga ka-
Arone pakati kwentonga zazo. 7 Waya
u-Mosesi wabekela intonga ezo pambi KWO-
YEHOVA ententeni yesinqìno.

8 Kwaye kute ngomnye umhla, akunge-
na u-Mosesi ententeni yesinqìno, kekaloku,
nantsi intsulile intonga ka-Arone, ngennxa
yendhlu ka-Levi, yavelisa imiqumbi, ya-
tyatyamba intyatyambo, yahlanza izamo-
nde. 9 Waza u-Mosesi wapuma nazo zonke
ezontonga ebusweni BUKAYEHOVA, waya
kulo lonke usapo luka-Sirayeli: zakangela
ke, zatabata ennye ngennye intonga yayo.

10 Wati UYEHOVA kanjako ku-Mosesi:
Intonga ka-Arone uyibuyisele pambi kwe-
sinqìno, ize igcinelwe umqondiso ngakulo
usapo lwokungeva; kwa njalo uya kupe-
zisa ukurora kwalo ngakumi, ukuze lu-
ngafi. 11 Wenje njalo u-Mosesi: njengo-
kuba UYEHOVA ebemyalele, wenje njalo
ke.

12 Lwandula lwateta usapo luka-Sira-
yeli ku-Mosesi, lusiti: Bona ke, siyaqauka,
siyabuba, tina sonke siyabuba. 13 Osu-
kuba eka asondele etabanakeleni KAYEHOVA
uya kufa: kanene siya kugqityelwa ngo-
kuqauka na?

18 WAZA wati UYEHOVA ku-Arone: We-
na, nonyana bako, nendhlu kayihlo
kunye nawe, niya kutwala inkohlakalo ye-
yingcwele *indawo;* kanjalo wena, nonyana
bako kunye nawe, niya kutwala inkohla-



University of Fort Hare

kalo yobuperisite benu. 2 Nakanjako,
abazalwana bako, isizwe sika-Levi, isizwe
soyihlo, ubasondeze nawe, ukuze babanda-
kanyelwe kuwe, bakukonze: kodwa wena,
nonyana bako kunye nawe, noba pambi
kwentente yesinqino. 3 Babeya kugcina
isigcinelo sako, nesigcinelo sentente yo-
nke; koko bengayi kusondela kuzo im-
pahla zeyingcwele *indawo*, nakuso isibi-
ngelo, ukuba bangafi, kwa bona, nani ka-
njalo. 4 Bobandakanyelwa kuwe, bagcine
isigcinelo sayo intente yenklangano,
kuyo yonke inkonzo yentente: kanti owa-
semzini akayi kusondela kuni. 5 Naniya
kugcina isigcinelo seyingcwele *indawo*,
nesigcinelo sesibingelo; kuze kungabuyi
kubeko umsindo pezu kwosapo luka-Si-
rayeli. 6 Ngokuba mina, bona ke, ndi-
tabatile abazalwana benu, aba-Levi, kwa
pakati kwosapo luka-Sirayeli; basisipiwo
kuni bepiwa UYEHOVA, ukuba bayenze
inkonzo yayo intente yenklangano. 7 Ko-
dwa wena, nonyana bako kunye nawe, niya
kugcina ubuperisite benu kuzo zonke
izinto zesibingelo, nakokwapakati kwe-
kuselo; naniya kukonza: ubuperisite benu
ndibunikile bube yinkonzo yokupiwa; no-
wasemzini osondelayo yena uya kufiswa.

8 Walekela wateta UYEHOVA ku-Arone,
*esiti:* Mina, bona ke, ndandikunikile uku-
gcinelwa kweminikelo yami yokufunqufu-
nqulwa; eyazo zonke izinto ezingcwele zo-
sapo luka-Sirayeli ndiyinikile kuwe ngen-
nxa yokutanjiswa, nakubo onyana bako,
ngommiselo ongunapakade. 9 Oku kwoba
kokwako kwizinto ezingcwelekazi zivela
emlilweni: yonke iminikelo yalo, kwa
yonke iminikelo yokudhla yalo, nawo onke
amadini esono alo, nawo onke amadini
etyala alo, oluya kuyinikela kumi; kwoba
yingcwelekazi kuwe oku, nakubo onyana
bako. 10 Kweyingcwele yezingcwele *inda-
wo* uya kukudhla; konke okubudoda kuya
kukudhla; kwoba yingcwele kuwe. 11 Oku
kokwako nako: umnikelo wokufunqufu-
nqulwa wokupa kwalo, kunye nayo yonke
iminikelo yokushukushukunyiswa yosapo
luka-Sirayeli; ndiyinikile kuwe, nakonya-
na bako, nakwintombi zako kunye nawe,
ngommiselo ongunapakade; bonke abaco-
cekileyo endhlwini yako baya kutya oko.
12 Bonke ubunqata beoli, nabo bonke
ubunqata beveyine, nobeunqolowa, iziqalo
zazo, oluya kuzinika KUYEHOVA, ndikunikile
zona. 13 Ulibo lwako konke okusemhla-
beni walo, oluya kuluzisa KUYEHOVA, lwoba
lolwako; bonke abacocekileyo endhlwini
yako baya kuludhla. 14 Konke okwahlu-
kanisiweyo kwa-Sirayeli kwoba kokwako.
15 Konke ekuzityulwa ngako pakati kwen-
nyama yonke, abaya kukusondeza KUYEHO-
VA, pakati kwabantu, napakati kwezilo,
kwoba kokwako; kodwa amazibulo abantu
uya kugqibela ukuwakulula, namazibulo
ezilo ezincolileyo uya kukulula wona.
16 Nabo abaya kukululwa pakati kwabo,
ababudala buyinyanga 'nnye uya kubaku-
lula, ngokulinganisa kwako, ngemali ye-
shekele ezintlanu, ezingangayo ishekele
yeyingcwele *indawo:* yigera ezimashumi
mabini yona. 17 Kodwa izibulo lenkomo,
umhlaumbi izibulo legusha, umhlaumbi
izibulo lebokwe, akuyi kuwakulula; ayin-
gcwele wona: igazi lawo uya kulisasaza
pezu kwesibingelo, nenqata lawo uya kuli-
tshisa libe ngumnikelo owenziwa ngomlilo,
wevumba elimnandi KUYEHOVA. 18 Kanti
innyama yawo yoba yeyako; njengesifuba
sokushukushukunyiswa, nanjengowokune-
ne umkono, yoba yeyako. 19 Yonke imi-
nikelo yokufunqufunqulwa yezinto ezi-
ngcwele, oluya kunikela ngayo usapo luka-
Sirayeli KUYEHOVA, ndiyinikile kuwe, na-
konyana bako, nakwintombi zako kunye
nawe, ngommiselo ongunapakade: luceba-
no lwetyuwa olungunapakade, pambi KWO-
YEHOVA, kwa kuwe nakwinzalo yako kunye
nawe.

20 Wati UYEHOVA kanjalo ku-Arone:
Akuyi kulamkela ilifa elizweni lalo, akuyi
kuba naso isabelwa pakati kwalo kanjako;
mina ndisisabelwa sako nelifa lako pa-
kati kwosapo luka-Sirayeli. 21 Nakubo
onyana baka-Levi, bona ke, ndinikile zonke
izishumi kwa-Sirayeli zibe lilifa, ngennxa
yenkonzo yabo abakonza ngayo, kwa in-
konzo yentente yenklangano. 22 Kanjalo
malungapindi usapo luka-Sirayeli uku-
sondela ententeni yenklangano, hleze lu-
twale isono, lufe ke. 23 Kodwa aba-Levi
bona baya kuyenza inkonzo yentente yen-
klangano, batwale nokutwala inkohlakalo
yabo: kwoba ngummiselwa ongunapakade
ngezizukulwana zenu, ukuba bangalamkeli
ilifa pakati kwosapo luka-Sirayeli. 24 Ngo-
kuba izishumi zosapo luka-Sirayeli, oluya
kunikela ngazo umnikelo wokufunqufunqu-
lwa KUYEHOVA, ndizinikile kuba-Levi zibe
lilifa; ngako oko ndite kubo: Pakati kwo-
sapo luka-Sirayeli abayi kulamkela ilifa.



University of Fort Hare

25 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti : 26 Teta kanjalo kuba-Levi, uti ku-
bo : Noti nakuzamkela kulo usapo luka-
Sirayeli izishumi, endizinikileyo kuni zi-
vela kulo zibe lilifa lenu, nandule ninikele
ngazo umnikelo wokufunqufunqulwa KU-
YEHOVA, isishumi sezishumi ezo ; 27 esiya
kunibalelwa ukuba ngumnikelo wokufu-
nqufunqulwa wenu, njengennqolowa ivela
esibayeni sokubula, nanjengobuzala buvela
esincinezelweni seveyine. 28 Kwa njalo
niya kunikela nani umnikelo wokufunqu-
funqulwa KUYEHOVA kuzo zonke izishumi
zenu, eniya kuzamkela kulo usapo luka-
Sirayeli ; naniya kunika kwa kuzo um-
nikelo wokufunqufunqulwa KAYEHOVA ku-
Arone umperisite. 29 Kuzo zonke izi-
piwo zenu niya kunikela yonke iminikelo
yokufunqufunqulwa KAYEHOVA ; kubo bonke
ubunqata bazo, kokuyingcwele yazo kwa
kuzo. 30 Ngako uya kuti kubo : Nxa ni-
nikeleyo ubunqata bazo kwa kuzo, kuya
kwandula ukubalelwa aba-Levi njengen-
zuzo yesibaya sokubula, nanjengenzuzo ye-
sincinezelo seveyine. 31 Naniya kudhla
oko kuzo zonke indawo, nina nendhlu ye-
nu : ngokuba kungumvuzo kuni ngennxa
yenkonzo yenu ententeni yenklangano.
32 Aniyi kutwala isono pezu kwako, naku-
nikela ubunqata bako kwa kuko ; kanjalo
aniyi kudyoba izinto ezingcwele zosapo
luka-Sirayeli, nize ningafi.

19 WABUYA wateta UYEHOVA ku-Mosesi
naku-Arone, esiti : 2 Nguwo lo ummi-
selo womteto awuyáleleyo UYEHOVA, esiti :
Teta elusatsheni luka-Sirayeli, ukuba luzise
kuwe itokazi elibomvukazi elimsulwa, eku-
ngeko kulo isonakalo, nekunganyukanga
pezu kwalo iyokwe. 3 Naniya kulinika
ku-Elezari umperisite, oya kupuma nalo
ngapandhle kwomnquba, lize lixèlwe
*apo* ebusweni bake. 4 Woti u-Elezari,
umperisite, acapulo egazini lalo ngomnwe
wake, asasaze nqwa pambi kwentente yen-
klangano kwigazi lalo amaxesha abe
'sixenxe. 5 Kwandule kutshiswe itokazi
elo emehlweni ake ; isikumba salo, nen-
nyama yalo, negazi lalo, kunye nomswane
walo, ziya kutshiswa. 6 Waye umperisite
eya kutabata umti wesedare, nehisope, ne-
sibomvu, azipose pakati kwokutsha kweto-
kazi elo. 7 Andule umperisite ahlanze
izivato zake, ahlambe innyama yake nga-
manzi, abuye angene emnqubeni ; ati
umperisite abe encolile kude kuhlwe. 8
Nalowo ulitshisileyo makazihlanze izivato
zake ngamanzi, ayihlambe innyama yako
ngamanzi, abe encolile kude kuhlwe. 9
Kanjalo umntu ococekileyo wobuta ututu
lwetokazi elo, alubeke pantsi ngapandhle
kwomnquba endaweni emhlope, oluya ku-
gcinelwa inklanganiso yosapo luka-Sira-
yeli, lube lolwamanzi okuhlanzekisa : sisi-
hlambululo ngennxa yesono. 10 Woti lowo
ulubutayo ututu lwetokazi elo, ahlanze
izivato zake, abe encolile kude kuhlwe.
Oku kwoba ngummiselwa ongunapakade
elusatsheni luka-Sirayeli, nakowasemzini
opambukeleyo pakati kwalo.

11 Lowo ucukumisayo ofileyo, omnye
umzimba ofileyo womntu, woba encolile
imihla isixenxe. 12 Uya kuzihlambulula
ngawo ngowesitatu umhla, ati ngowesixe-
nxe umhla abe ecokisekile ; kodwa ukuba
akazihlambululi ngomhla wesitatu, akayi
kuba ecokisekile ngomhla wesixenxe. 13
Osukuba ecukumisa ofileyo, umzimba ofi-
leyo womntu osel' efile, kanti akazihlambu-
luli, uyancolisa itabanakele KAYEHOVA ;
ngako lowampefumlo wonqanyulwa kwa-
Sirayeli : ngokokuba amanzi okuhlanzekisa
ebengatshizwanga pezu kwake, woba e-
ncolile ; ukuncola kwake kuseko kuye. 14
Nangu umteto, xeshekweni umntu aya ku-
buba ententeni : bonke abangenayo kulo-
ntente, nabo bonke abapakati kwalontente,
boba bencolile imihla isixenxe. 15 Nazo
zonke izitya ezivulekileyo, ekungeko 'si-
ciko sibotshiwe pezu kwazo, zincolile zona.
16 Nosukuba ecukumisa ohlatyiweyo nge-
sirele ezindhle, umhlaumbi ofeleyo *kona*,
umhlaumbi itambo lomntu, umhlaumbi
incwaba, yena woba encolile imihla isixe-
nxe.

17 Kwaye kuya kumcatshulelwa lowo
uncolileyo elutulini lwokutsha kwesihla-
mbululo ngennxa yesono, kwandul' uku-
bekwa pezu kwalo amanzi elayo esityeni :
18 woti umntu ococekileyo atabate ihisope,
ayifake emanzini lawo, ati fefe pezu kwen-
tente, napezu kwazo zonke izitya, napezu
kwabantu ababeko kona, napezu kwobecu-
kumisa itambo, umhlaumbi obehlatyiwe,
umhlaumbi obefile, umhlaumbi incwaba.
19 Kanjalo lowo ucocekileyo uya kuti fefe
pezu kwoncolileyo ngomhla wesitatu, na-
ngomhla wesixenxe ; waye ngowesixenxe
umhla eya kumhlambulula ; woda ahlanze
izivato zake, ahlambe emanzini, abe ecoki-



iversity of Fort Hare

gekile ngokuhlwa. 20 Kodwa umntu oya
kuba encolile, kanti akayi kuzihlambulula,
umpefumlo lowo wonqanyulwa pakati
kwomhlambi : ngokuba eyincolisile eyin-
gcwele *indawo* KAYEHOVA ; amanzi okuhla-
nzekisa akatshizwanga pezu kwake, unco-
lile yena. 21 Kwoba ngummiselwa ongu-
napakade kubo, okokuba lowo otshizayo
amanzi okuhlanzekisa uya kuhlanza izivato
zake, nokuba lowo ocukumisayo amanzi
okuhlanzekisa woba encolile kude kuhlwe.
22 Konke kusukuba oncolileyo ekucuku-
misa, kwoba kuncolile ; kanjalo umntu
okucukumisayo woba encolile kude ku-
hlwe.

20 KWATI kwakufika usapo luka-Siraye-
li, inklanganiso yonke, enklango ye-
Tsine, ngennyanga yokuqala, bahlala abantu
e-Kadeshe : wati u-Miriyame wafa kona,
wancwatywa kona kanjalo.
2 Kwaye kungeko 'manzi okuba *kusele*
inklanganiso : basuka babutelana ngaku-
Mosesi nangaku-Arone. 3 Baza abantu
bapika no-Mosesi, batsho ukuti : Akwaba
sabesiqauka umpefumlo, nxa abazalwana
betu babeqauka umpefumlo ebusweni BU-
KAYEHOVA ! 4 Kunganina ke ukuba ninge-
nisile umhlambi KAYEHOVA kulenklango,
size sifele kona, tina nenkomo zetu ? 5 ku-
nganina nokuba nisinyusile e-Jipete, ukuze
nisizise kulendawo embi ? asi yindawo
yembewu, neyemikiwane, neyemiti yeve-
yine, neyegranate ; akuko 'manzi okuselwa
kanjako.
6 Baye besuka u-Mosesi no-Arone ebu-
sweni bomhlambi baya elucangweni lwen-
tente yenklangano, bawa ngobuso babo :
bati ubungcwalisa BUKAYEHOVA babonakala
kubo. 7 Wandula wateta UYEHOVA ku-
Mosesi, esiti : 8 Tabata intonga leyo, ubute
inklanganiso, wena no-Arone umkuluwe
wako, nitete eweni pambi kwamehlo ayo,
eliya kukupa amanzi alo ; wauya kubapu-
misela amanzi eweni, uze useze inklanga-
niso nenkomo zayo.
9 Waya u-Mosesi watabata intonga leyo
kwa sebusweni BUKAYEHOVA, njengokuba
ebemyalele. 10 Baza u-Mosesi no-Arone
babuta inklanganiso ngapambi kweliwa,
wati *u-Mosesi* kubo : Pulapulani ke, nina
'bangcvayo! sinipumisele amanzi kweliliwa
yinina ? 11 Waza u-Mosesi wapakamisa
isandhla sake, wabeta iliwa ngentonga yake
ngamaxesha amabini ; kwandul' ukupuma
amanzi amaninzi, yada yasela inklanganiso,
nenkomo zayo.
12 Wayesiti UYEHOVA ku-Mosesi naku-
Arone : Ngennxa yokuba beningakolwa ndi-
mi, ukuba nindingcwalise emehlweni osapo
luka-Sirayeli, kukona ningayi kungenisa
lenklanganiso kwelozwe endilinikile kuyo.
13 La ngamanzi e-Meriba, ngokuba lwa-
pikayo usapo luka-Sirayeli NOYEHOVA ; waza
wangcwaliswa ngalo.

14 WANDULA u-Mosesi wasusa izigi-
dimi e-Kadeshe ukuya kukumkani we-
Edome, *ukuti :* Utsho umzalwana wako u-
Sirayeli ukuti : Uyazi wena yonke inkata-
zo esihlileyo ; 15 okokuba obawo betu be-
hlela e-Jipete, nokuba sahlala e-Jipete
imihla yamininzi ; nokokuba ama-Jipete
asipata kakubi tina nobawo betu. 16 Sati
sakukala KUYEHOVA, weva ilizwi letu,
watuma ingelosi, wasikupa e-Jipete ; ke-
kaloku, nanku siso-Kadeshe, isixeko somda
wako wokugqibela. 17 Makesicande eli-
zweni lako : asiyi kucanda emasimini,
nasezitiyeni zemiti yeveyine ; asiyi kusela
amanzi amaqula kanjako : siya kuhamba
ngendhlela yokumkani ; asiyi kupambu-
kela nangasekunene nangasekohlo, side
sidhlule imida yako. 18 Koko u-Edome
wati kuye : Akuyi kucanda kumi, hleze
ndipumele ngakuwe ngerele. 19 Lwati
usapo luka-Sirayeli kuye : Siya kunyuka
ngomendo ; naxeshekweni sisela kwamanzi
ako, mina nenkomo zami, sendiya kunika
ixabiso lawo ; kupela ndiya kucanda ngen-
nyawo zami, ndingenzi 'nto. 20 Wayesiti :
Akuyi kucanda. Waza u-Edome wapume-
la ngakuye, ngento eninzi yabantu, na-
ngesandhla esomeleleyo. 21 Wala njalo ke
u-Edome ukumvumela u-Sirayeli acande
emideni yake ; ngako u-Sirayeli wapa-
mbuka kuye.

22 LWAZA lwanduluka e-Kadeshe
lwonke usapo luka-Sirayeli, inklanganiso
yonke, lweza entabeni ye-Hore.
23 Kekaloku watsho UYEHOVA ku-Mosesi
naku-Arone, entabeni ye-Hore, ngasemi-
deni yelizwe le-Edome, esiti : 24 u-Arone
wobutelwa ebantwini bake ; ngokuba
engayi kungena kwelozwe endilinikileyo
elusatsheni luka-Sirayeli, ngennxa yokuba
nibe nivukela ilizwi lami ngasemenzini
e-Meriba. 25 Tabata u-Arone, no-Elezari
unyana wake, ubanyusele entabeni ye-



University of Fort Hare

Hore: 26 uze umhlube u-Arone izivato
zake, umvatise ngazo u-Elezari unyana
wake; ngokuba u-Arone eya kubutelwa
*ebantwini bake*, afe kona. 27 Wenza u-
Mosesi njengokuba UYEHOVA ebemyalele.
Baye benyukela entabeni ye-Hore eme-
hlweni ayo yonke inklanganiso: 28 waza
u-Mosesi wamhluba u-Arone izivato zake,
wamvatisa ngazo u-Elezari unyana wake;
wati u-Arone wafa kona engcopo yentaba.
Bandula behla u-Mosesi no-Elezari enta-
beni leyo. 29 Yati yonke inklanganiso,
yakubona ukuba u-Arone uqaukile umpe-
fumlo, yamlilela u-Arone imihla yamashu-
mi matatu, kwa yonke indhlu ka-Sirayeli.

21 KEKALOKU kwakuvakala kum-Ka-
nane, kukumkani we-Haradi, obehlala
esuyide, ukuba kuyeza o-Sirayeli ngen-
dhlela yase-Atarime, wasuka walwa no-
Sirayeli, watimba kubo amatinjwa. 2 Waza
wabambisa u-Sirayeli ngesibambiso KUYE-
HOVA, wati: Ukuba uya kunika ababantu
esandhleni sami ngennyaniso, sendiya ku-
zilahlela ekutshatyalalisweni izixeko zabo.
3 Wapulapula UYEHOVA ilizwi lika-Sira-
yeli, wanika aba-Kanane; wada walahlela
ekutshatyalalisweni bona nezixeko zabo;
ngako igama lalondawo walibiza nge-
Horema.*

4 Kwaza kwandulukwa entabeni ye-
Hore ngendhlela yaselwandhle olubomvu,
ukuya kuzekelela ilizwe le-Edome: koko
umpefumlo wabantu ubudanile ngennxa
yendhlela. 5 Basuka bateta abantu nga-
kuye UTIXO nangakuye u-Mosesi, *bati:* Ku-
nganina lento nisinyusileyo e-Jipete ukuza
kufa kulenklango? ngokuba kungeko iso-
nka, kungeko namanzi; uti umpefumlo
wetu usitiye esisonka silikapukapu.

6 Waza UYEHOVA watuma innyoka ezi-
bumlilora pakati kwabantu, ezibe ziluma
abantu; bafa ke abantu abaninzi bakwa-
Sirayeli. 7 Ngako abantu beza ku-Mosesi,
bati: Sonile, ngokuba sitetile NGAKUYEHO-
VA nangakuwe; tandaza KUYEHOVA, ukuba
asuse kuti ezinnyoka. Waza u-Mosesi wa-
batandazela abantu. 8 Wayesiti UYEHOVA
ku-Mosesi: Yenza innyoka ebumlilora,
umise yona pezu kwesibonda eside; kwa-
kuya kuti, osukuba elunyiwe, akuyibonela,
wopila. 9 Wandula u-Mosesi wenza
innyoka yexina, wayimisa pezu kwesi-
bonda eside; kwaye kuto, nxa innyoka
ilumile umntu, waza wakangela ennyokeni
yexina, wapila ke.

10 Lwābuya lwanduluka usapo luka-
Sirayeli, lwaya lwati waca e-Obote.

11 Lwaza lwanduluka e-Obote, lwaya
lwati waca e-Hiyi-habarime, enklango enga-
pambi kwe-Mowabi, ngasekupumeni kwe-
langa.

12 Lwanduluka kona, lwaya lwati waca
entilini ye-Zerede.

13 Lwanduluka kona, lwaya lwati waca
nganeno kwe-Arenone, esenklango, epu-
mayo emdeni waba-Amori: ngokuba i-
Arenone ingumda we-Mowabi, pakati kwe-
Mowabi naba-Amori. 14 (Ngako oko ku-
tshiwo enncwadini yemfazwe ZIKAYEHOVA,
*ukuti:* Ngase-Vahebi e-Sufa, nangasemi-
lanjaneni ye-Arenone, 15 nasemfuleni we-
milanjana, otambekela enklalweni ye-Hari,
wayame emdeni we-Mowabi.)

16 *Lwesuka* nakona lwaya e-Bere: li-
qula elo ekungalo wabesiti UYEHOVA, ku-
Mosesi: Hlanganisa abantu, ndandiya
kubanika amanzi. 17 (Okuya bavuma o-
Sirayeli lengoma: Mpompoza, mtombo!
vumani kuwo ngokuguqulelana! 18 Um-
tombo inkosana zawupandayo, amaneno
abantu awumba, ngomnikamteto, ngemisi-
melelo yawo.)

*Lwesuka* nasenklango lwaya e-Matana;
19 *lwesuka* nase-Matana lwaya e-Nahali-
yeli; *lwesuka* nase-Nahaliyeli lwaya e-Ba-
mote; 20 *lwesuka* nase-Bamote lwaya esi-
hlanjeni, esisezindhle zase-Mowabi, engco-
tsheni ye-Pisega, esibeka ngasebugxwayi-
beni.

21 Waza u-Sirayeli wasusa izigidimi
ukuya ku-Sihone, ukumkani waba-Amori,
ukuti: 22 Mandicande elizweni lako: asi-
yi kupambukela emasimini, nesezitiyeni
zemiti yeveyine; asiyi kusela amanzi
amaqula kanjako: siya kuhamba ngen-
dhlela yokumkani, side sidhlule imida ya-
ko. 23 Kodwa u-Sihone ebengavumeli u-
Sirayeli acande emideni yake; waza u-
Sihone wahlanganisa bonke abantu bake,
wapumela ngakuye u-Sirayeli, ngasenkla-
ngo, wada wafika e-Yahetsa, walwa no-
Sirayeli. 24 Koko u-Sirayeli wambeta ngo-
hlangoti lwerelo, wabamba ilizwe lake kwa
se-Arenone kwada kwase-Yaboki, kwada
kwakulo usapo luka-Hamoni: ngokuba umda
wosapo luka-Hamoni ubunqabile. 25 Wayo
u-Sirayeli watabata zonke ezizixeko: wa-

* *Oko kukuti:* Ukulahlelwa ekutshatyalalisweni.



University of Fort Hare

ndula u-Sirayeli wahlala kuzo zonke izixeko
zaba-Amori, e-Heshebone, nakuwo onke
amagxamesi ayo. 26 Ngokuba i-Heshebone
ibisisixeko sika-Sihone, ukumkani waba-
Amori, obelwile nowapambili ukumkani
wase-Mowabi, waza watabata lonke ilizwe
lake esandhleni sake, kwada kwase-Are-
none. 27 Ngako oko kutiwa ngabateta
imizekeliso: Yizani e-Heshebone; masa-
kiwe siqiniswe isixeko sika-Sihone!
28 Ngokuba kupumile umlilo e-Heshe-
bone, ilangatye esixekweni sika-Sihone;
udhlile i-Hari yase-Mowabi, *n*abanumzana
basemankla ase-Arenone. 29 Kwoba nzima
kuwe, Mowabi! nitshabalele, 'bantu baka-
Kemoshe! unikile onyana bake abasindi-
leyo, nentombi zake, ekutinjweni, kuku-
mkani waba-Amori, ku-Sihone. 30 Sibato-
lele; i-Heshebone itshabalele kwada kwase-
Dibone; sasicitakalisile kwada kwase-
Nofaki, *efik*ela e-Medeba.
31 Kwa njalo o-Sirayeli bahlala ezweni
laba-Amori. 32 Wandula u-Mosesi watuma
ukuba kuhlolwe i-Yabezere; basuka baba-
mba amagxamesi ayo, bagqogqa aba-Amori
ababekona.
33 Bada bajika benyuka ngendhlela yase-
Bashane; waza u-Hogi, ukumkani we-
Bashane, wapumela ngakubo, yena nabo
bonke abantu bake, kuliwe e-Edrehi.
34 Wayesiti UYEHOVA ku-Mosesi: Ungoyiki
yena; ngokuba ndimnikile esandhleni sako,
nabo bonke abantu bake, nelizwe lake;
wanya kwenza kuye, njengokuba ubusenza
ku-Sihone, ukumkani waba-Amori, owahlala
e-Heshebone. 35 Baza bambeta, kwa no-
nyana bake, nabo bonke abantu bake, kwa-
da akwabi samshiyelwa namnye oseleyo:
babamba ilizwe lake kanjalo.

22 LWAZA lwanduluka usapo luka-Si-
rayeli, lwaya lwati waca ematafeni
ase-Mowabi, nganeno kwe-Yoredane, *malu-
ngana* ne-Jeriko.
2 Kekaloku u-Balaki, unyana ka-Tsipore,
wabona konke abekwenzile u-Sirayeli ku-
ba-Amori. 3 Wandula u-Mowabi woyika
kakulu abantu abo, ngokuba bebaninzi
bona; waye u-Mowabi enesitukutezi ngen-
uxa yalo usapo luka-Sarayeli. 4 Waza
wati u-Mowabi kubadala bama-Midiyane:
Kaloku lomhlambi uya kukotulula konke
okusingqongayo, njengokuba inkabi ikotu-
lula utyani basendhle. Kekaloku u-Balaki,
unyana ka-Tsipore, ebengukumkani wama-
Mowabi ngeloxeska ke. 5 Wandula wa-
tuma izigidimi ukuya ku-Bilame, unyana
ka-Behori, e-Petore, engasemlanjeni, eli-
zweni losapo lwabantu bakowabo, ukuba
ambize, esiti: Bona ke, kuvelile abantu e-
Jipete; naba begubungele ubuso bomhla-
ba, behleli malungana nami. 6 Kauze ke
ngoko, undiqalekisele ababantu, ngokuba
bona bendigqitisile ngamandhla; kungati
ndingaba namandhla *okuba* sibabete, ndize
ndibagxote elizweni: ngokuba ndisazi
ukuba lowo umtamsanqelisayo uya kuta-
nyusanqeliswa, nokuba lowo umqalekisa-
yo uya kuqalekiswa. 7 Baza besuka aba-
dala bama-Mowabi nabadala bama-Midi-
yane, benemilandu yokulaula ezandhleni
zabo; bada bafika ku-Bilame, bateta kuye
amazwi ka-Balaki. 8 Wayesiti kubo:
Lalisani apa obubusuku, ndandiya kuzisa
impendulo kuni, njengokuba UYEHOVA eya
kunditetela. Zaza inkosana zase-Mowabi
zahlala no-Bilame.
9 Kekaloku weza UTIXO ku-Bilame, wati:
Ngawapina lamadoda akuwe? 10 Waza
u-Bilame wati KUTIXO: u-Balaki, unyana
ka-Tsipore, ukumkani wama-Mowabi, uwa-
tumile kumi, *esiti:* 11 Bona ke, kuvelile
abantu e-Jipete, abagubungele ubuso bom-
hlaba: kauze ke, undiqalekisele bona;
kungati ndingaba namandhla okulwa nga-
kubo, ndize ndibagxote. 12 Waza UTIXO
wati ku-Bilame: Akuyi kuhamba nawo;
akuyi kuqalekisa abobantu, ngokuba bene-
tamsanqa bona.
13 Wesuka u-Bilame kusasa, wati kwin-
kosana zika-Balaki: Hambani niye eli-
zweni lenu, ngokuba esala UYEHOVA uku
ndivumela ukuba ndiye nani. 14 Zaza
zesuka inkosana zase-Mowabi, zaya ku-
Balaki, zati: Walile u-Bilame ukuhamba
nati.
15 Wapinda nakanjako u-Balaki watuma
inkosana, ezininzi nezibekekileyo pezu
kwazo ezo; 16 ezezayo ku-Bilame, zati
kuye: Utsho u-Balaki, unyana ka-Tsipore,
ukuti: Zungabanjezelwa 'nto ukuba ungezi
kumi. 17 Ngokuba ndiya kukubeka ka-
kulu kunene, nako konke uya kundixelela
kona ndiya kukwenza: uze ke ngoko,
undiqalekisele abantu aba. 18 Wapendula
u-Bilame wati kwizicaka zika-Balaki: Na-
kuba u-Balaki abeya kundinika indhlu yake
izele yisilivere negolide, andingegqite eli-
zwini LIKAYEHOVA, UTIXO wami, ukuba
udenzo okuncinane umhlaumbi okukulu.



University of Fort Hare
Together in Excellence

19 Ngako kaloku, kenihlale apa nani obu-
busuku, ukuze ndiyazi into aya kwongeza
UYEHOVA ukuyiteta kumi.

20 Waye UTIXO esiza ku-Bilame ebusuku,
wati kuye: Ukuba amadoda lawo eze ku-
kubiza, suka, uhambe nawo; kodwa noko,
lonto endiya kuyiteta kuwe, yiyo uya ku-
yenza.

21 Waselesuka u-Bilame kusasa, wabo-
pa iqwarashekazi lake, wahamba nenko-
sana zase-Mowabi. 22 Yaza yavuta in-
gqumbo KATIXO, ngokuba ehambile: yasuka
ingelosi KAYEHOVA yazimisa endhleleni
ibe ngumalane kuye. Kekaloku yena ebe-
kwele pezu kweqwarashekazi lake, naba-
fana bake ababini benaye. 23 Lati iqwa-
rashekazi labona ingelosi KAYEHOVA imi
endhleleni, nerele layo liroliwe esandhleni
sayo; ngako iqwarashekazi lapambuka
endhleleni, laya ngasendhle. Waza u-Bi-
lame wabeta iqwarashekazi, ukuba alisonge
liye endhleleni. 24 Koko ingelosi KAYE-
HOVA ibimi endhleleni yasezitiyeni zemiti
yeveyine, udonga lungelicala, nodonga
lungelocala. 25 Lati iqwarashekazi, laku-
bona ingelosi KAYEHOVA, lazincinezela nga-
seludongeni, lalucinezela unyawo luka-
Bilame ngaseludongeni kanjalo; ngako
wapinda walibeta. 26 Yaza ingelosi KA-
YEHOVA yabuya yagqita, yema endaweni
exineneyo, apo ibingeko 'ndhlela yokujika
nangasekunene nangasekohlo. 27 Lati
iqwarashekazi, lakubona ingelosi KAYEHOVA,
lati butu ngapantsi kwo-Bilame; yaza ya-
vuta ingqumbo ka-Bilame, wada walibeta
iqwarashekazi ngenduku. 28 Wandula UYE-
HOVA wawuvula umlomo weqwarashekazi,
elati ku-Bilame: Ndenze 'nto nina kuwe,
ukuba undibetile lamaxesha omatatu? 29
Wayesiti u-Bilame kwiqwarashekazi: Ngo-
kokuba udhlale ngami; akwaba bendinerele
esandhleni sami! ngokuba kaloku ndinge
ndikubulala. 30 Lati iqwarashekazi ku-
Bilame: Andilila iqwarashekazi lako na, o-
kweleyo pezu kwalo kuseloko ubuko kwada
kwanamhla nje? ndike ndaqela ukwenje
njalo na kuwe? Wayesiti: Hai. 31 Waza
UYEHOVA watyila amehlo ka-Bilame, wada
wayibona ingelosi KAYEHOVA imi endhle-
leni, nerele layo liroliwe esandhleni sayo;
wandula watoba ngapantsi, waqubuda ngo-
buso bake. 32 Yati kuye ingelosi KAYE-
HOVA: Yinina ukuba ulibetile iqwarashe-
kazi lako lamaxesha omatatu? bona ke,
ndipumile ndibe ngumalane, ngokuba igwe-
nxekile indhlela *yako* pambi kwami. 33
Kodwa iqwarashekazi lindibonile, lapa-
mbuka ebusweni bami lamaxesha omatatu;
ukuba belingapambukanga kumi, okunene
kaloku ngendibe ndibulele wena, ndalo-
ndoloza lona lihleli. 34. Waza u-Bilame
wati kuyo ingelosi KAYEHOVA: Ndonile,
ngokuba bendingakwazi ukuba uzimisile
ngakumi endhleleni; ngako kaloku, ukuba
kubi emehlweni ako, sendiya kubuya. 35
Koko ingelosi KAYEHOVA yati ku-Bilame:
Hamba nawo amadoda la; kodwa elozwi
ndiya kuliteta kuwe, elona uya kuliteta
kupela. Waza u-Bilame wahamba nenko-
sana zika-Balaki.

36 Kekaloku u-Balaki akuva ukuba
uyeza u-Bilame, wandula wapuma ukuya
kumkaulela esixekweni sase-Mowabi, esi-
semdeni wase-Arenone, esemdeni woku-
gqibela. 37 Waye u-Balaki wati ku-Bi-
lame: Bendingatumi kuwe ngokunxama
na, ukuba ndikubize? kunganina ukuba
ubungezi kumi? andingekubeke ngennya-
niso na? 38 Wati u-Bilame ku-Balaki:
Bona ke, ndize kuwe nje, ndingaka ndibe
namandhla okuteta into na? ilizwi alibe-
kayo UYEHOVA emlonyeni wami, lelo ndiya
kuliteta.

39 Wasuka u-Bilame waya no-Balaki:
bada bafika e-Kiriyate-hutsote. 40 Waza
u-Balaki wabinga inkabi negusha, wasele-
tuma ku-Bilame, nakwinkosana ezinaye.

41 Kwaye kute kwakusa, u-Balaki
wamtabata u-Bilame, wamnyusela ezin-
daweni ezipakamileyo zika-Bali, ukuba
ekona agqibele ukukangela abantu.

23 Waza wati u-Bilame ku-Balaki: Nda-
kele apa izibingelo zibe 'sixenxe, u-
ndilungisele nalapa isixenxe senkunzana
zenkomo, nesixenxe senkunzi zegusha. 2
Wenza u-Balaki njengokuba ebetetile u-
Bilame; baza u-Balaki no-Bilame banikela
inkunzana yenkomo nenkunzi yegusha
ngesibingelo ngesibingelo. 3 Wandula
wati u-Bilame ku-Balaki: Hlala umi wena
ngasedinini lokutshiswa lako, ndandiya
kuhamba mina; kungati umhlaumbi UYE-
HOVA woza ukundihlangabeza: nento asu-
kuba eya kundibonisa yona, ndoyityela
kuwe. Waza waya endulini.

4 Waye UTIXO wamhlangabeza u-Bilame:
owati kuye: Izibingelo ezisixenxe ndizilu-
ngisile, ndandinikele inkunzana yenkomo
nenkunzi yegusha ngesibingelo ngesibi-
ngelo. 5 Waza UYEHOVA wabeka ilizwi



University of Fort Hare

emlonyeni ka-Bilame, wati: Buya uye ku-
Balaki, utete ngokunjalo. 6 Wasuka wa-
buya waya kuye; kekaloku nankuya emi
ngasedinini lokutshiswa lake, yena, nazo
zonke inkosana zase-Mowabi. 7 Wandula
wapimisela umzekeliso wake, wati: Kwase-
Arame, undirolile u-Balaki, ukumkani wa-
ma-Mowabi, ezintabeni zasempumalanga,
*esiti:* Yiza, undiqalekisele u-Yakobi, uze
ke, utuke u-Sirayeli. 8 Ndingati nina uku-
qalekisa lowo angamqalekisanga UTIXO?
ndingati nina nokutuka lowo angamtu-
kanga UYEHOVA? 9 Ngokuba ndisengcopo
yamawa ndimbona, ndisezindulini ndimka-
ngela: bona ke, abantu abo baya kuhlala
bodwa, abayi kuzibala pakati kwenklanga.
10 Ngubanina ongabalayo utuli lwakwa-
Yakobi, nenani lesesine isiqingata sakwa-
Sirayeli? Mandife mina ngokufa kwaba-
lungileyo, nokwasemva kwami makube
njengokwake!

11 Waza u-Balaki wati ku-Bilame:
Undenzele 'nto nina? Bendikutabata u-
kuba uziqalekise intshaba zami; kanti,
bona ke, ugqibele ukuzitamsanqelisa.
12 Wapendula wati: Oko UYEHOVA akube-
kileyo emlonyeni wami, ndingalumki na
ukuba nditete kona?

13 Wandula wati u-Balaki kuye: Kauze
ke nami ukuya kwennye indawo, apo uya
kubabonela kona: uya kubona inncame
yabo kupela, akuyi kubabona bonke; uze
undiqalekisele bona kwa lapo. 14 Wasuka
wamsa ezindhle zabalindi, engcotsheni ye-
Pisega, waka *kona* izibingelo zasixenxe,
wanikela inkunzana yenkomo nenkunzi
yegusha ngesibingelo ngesibingelo. 15 Wa-
za wati ku-Balaki: Hlala umi apa wena
ngasedinini lokutshiswa lako, ndandiya
kuya ukuhlangabeza *u-Yehova* paya.

16 Waye UYEHOVA wamhlangabeza u-
Bilame, wabeka ilizwi emlonyeni wake,
wati: Buya uye ku-Balaki, utete ngoku-
njalo. 17 Wasuka weza kuye; kekaloku,
nanku emi ngasedinini lokutshiswa lake,
nenkosana zase-Mowabi ndawonye naye.
Waza u-Balaki wati kuye: Kuyinto nina
UYEHOVA ayitetileyo? 18 Wandula wapi-
misela umzekeliso wake, wati: Suka ume,
Balaki! upulapule ke; ndinikele indhlebe,
nyana ka-Tsipore! 19 UTIXO asi nguye
umntu ukuba axoke; asi nguye nonyana
womntu, ukuba aguquke: uya kutsho na,
aze angakwenzi na? uya kuteta na, aze
angakuqinisi na? 20 Bona ke, ndamkele
*ilizwi* lokuba nditamsanqelise; useletamsa-
nqele ke; andingekubuyise. 21 Akaka-
ngeli inkohlakalo kwa-Yakobi, kanjalo aka-
boni ububi kwa-Sirayeli: UYEHOVA UTIXO
wake unaye, indanduluko yokumkani
ipakati kwabo. 22 UTIXO wabapumisa
e-Jipete; unamendu njengawennyati.
23 Okunene akuko 'kunyanga ngakwa-
Yakobi, akuko nokulaula ngakwa-Sirayeli;
kwa ngoku kuya kuxelwa ngo-Yakobi,
nango-Sirayeli, into ayenzileyo UTIXO.
24 Bona ke, abantu baya kusuka njengen-
gonyamakazi, bazipakamise njengengo-
nyama: abayi kulala pantsi bengekadhli
into eqwengiweyo, negazi lababhlatyiweyo
bengaliselanga.

25 Waza wati u-Balaki ku-Bilame: U-
ngake ubaqalekise, ungake ubatamsanqe-
lise kanjalo. 26 Koko wapendula u-Bila-
me wati ku-Balaki: Bendingakuxeleli na,
ndisiti: Konke aya kuteta kona UYEHOVA,
ndiya kukwenza?

27 Wandula wati u-Balaki ku-Bilame:
Kauze ke, ndokusa kwennye indawo; ku-
ngati kwoba kufanele emehlweni KATIXO
lowo, ukuba undiqalekisele bona ulapo.
28 Waza u-Balaki wamsa u-Bilame engco-
po ye-Pehori, ebeka ngasebugxwayibeni.
29 Wayesiti u-Bilame ku-Balaki: Ndakele
apa izibingelo zibe 'sixenxe, undilungisele
nalapa isixenxe senkunzana zenkomo nesi-
xenxe senkunzi zegusha. 30 Wenza u-
Balaki njengokuba ebetshilo u-Bilame,
wanikela inkunzana yenkomo nenkunzi
yegusha ngesibingelo ngesibingelo.

24 Kekaloku u-Bilame, akubona ukuba
kulungile emehlweni KAYEHOVA uku-
tamsanqela u-Sirayeli, wabengayi njenga-
kuwo amanye amaxesha ukufuna ngezinto
zokunyanga, koko wabekisa ngasenklango
ubuso bake. 2 Waye u-Bilame epakamisa
amehlo ake, wabona o-Sirayeli bemi nge-
zizwe zabo; wandul' ukumhlela umoya
KATIXO. 3 Waza wapimisela umzekeliso
wake, wati:

Utsho u-Bilame, unyana ka-Behori;
itsho indoda egatyuliwe amehlo; 4 utsho
lowo ovileyo amazwi KATIXO, owabona um-
boniso WOSOMANDHLA, esiwa pantsi, kanti
etyiliwe amehlo, *ukuti:* 5 Hai ukuba 'nkle
kwazo intente zako, Yakobi! *n*enklalo
zako, Sirayeli! 6 Njengentili zitwabulu-
kile, njengezitiya ngasemlanjeni, njenge-
miti emnandi ayityalileyo UYEHOVA, nje-
ngemiti yesedare ngasemanzini. 7 Kuya



University of Fort Hare
Together in Excellence

kwela amanzi emipandeni yake, nembewu
yake yoba ngasemanzini amaninzi; uku-
mkani wake woba mkulu pezu kwo-Hagagi,
nobukumkani bake buya kupakanyiswa.
8 UTIXO wampumisa e-Jipete; nnamendu
njengawennyati; uya kuzidhla inklanga,
intshaba zake, awanqabe amatambo azo,
azityumze ngentolo zake. 9 Watoba, wati
butu njengengonyama, nanjengengonyama-
kazi; ngubanina oya kumvusa? okutamsa-
nqelisayo uya kutanyusanqelwa, nokuqale-
kisayo uya kuqalekiswa.
10 Yandula yavuta ingqumbo ka-Balaki
ngakuye u-Bilame, wenza inklombe ngeza-
ndhla; waye u-Balaki esiti ku-Bilame:
Bendikubiza ukuba uziqalekise intshaba
zami, kanti, bona ke, ugqibele nkuzitamsa-
nqelisa lamaxesha omatatu. 11 Ngako
kaloku, sabela endaweni yako: bendite
ndiya kukwenzela imbeko enkulu; ko-
dwa, bona ke, UYEHOVA ukunqandile embe-
kweni.
12 Waza u-Bilame wati ku-Balaki: Be-
ndingateti na nakuzo izigidimi zako, owa-
buzituma ukuza kumi, ndisiti: 13 Nakuba
u-Balaki abeya kundinika indhlu yake
izele yisilivere negolide, andingegqite eli-
zwini LIKAYEHOVA, ukuba ndenze okulu-
ngileyo umhlaumbi okukohlakeleyo ngo-
kweyami inkliziyo; oko aya kukuteta
UYEHOVA, ndiya kuteta kwa kona? 14 Na-
kaloku, bona ke, ndiya ebantwini bami:
yiza, ndokushumayeza oko abantu aba
baya kukwenza kubantu bako emihleni
yasemva. 15 Waza wapimisela umzeke-
liso wake, wati:
Utsho u-Bilame, unyana ka-Behori; i-
tsho indoda egatyuliwe amehlo; 16 utsho
lowo ovileyo amazwi KATIXO, owaziyo u-
kwaziwa kwopezu konke; owabona umbo-
niso WOSOMANDHLA, esiwa pantsi, kanti
etyiliwe amehlo, *ukuti:* 17 Ndiya kumbo-
na, kungengoku kodwa; ndiya kumka-
ngela, kungekufupi kodwa: kuya kuvela
inkwenkwezi kwa-Yakobi, kwovuka into-
nga kwa-Sirayeli; eya kuwatyumza ama-
cala omabini ase-Mowabi, ilucite lwonke
usapo lwembutumbutu. 18 Kanjalo u-
Edome woba yimfuyo; u-Sehire naye woba
yimfuyo yentshaba zake; kanti u-Sirayeli
uya kwenza ngoburoti. 19 Waeya kuba
nobukosi ovela kwa-Yakobi, atshabalalise
abaseleyo esixekweni.
20 Nxa abebona u-Amaleki, wandula
wapimisela umzekeliso wake, wati: Usisi-
qalo senklanga u-Amaleki, kodwa ukupela
kwake woda atshabalale.
21 Nxa abebona ama-Keni, wandula
wapimisela umzekeliso wake, wati: Inklalo
yako inqabile, nendhlu yako uyibekile
eweni. 22 Noko ke um-Keni uya kucita-
kaliswa, ade u-Ashure akutimbe.
23 Walekela wapimisela umzekeliso
wake, wati: Au! ngubanina oya kubudhla
ubomi, nxa UTIXO aya kukwenza oku!
24 Innqanawa *zovela* ecaleni lama-Kiti,
zibandezele u-Ashure, zibandezele no-
Hebere; naye yena woda atshabalale.
25 Waza wesuka u-Bilame, waya wabu-
yela endaweni yake; wemka no-Balaki
ngendhlela yake.

25 KEKALOKU o-Sirayeli bebehleli e-
Shitime; bada abantu baqala ukwe-
nza umbulo nentombi zama-Mowabi. 2 Za-
za zamema abantu beze emibingweni yotixo
bazo: basuka abantu badhla, bazitoba pa-
mbi kwotixo bazo. 3 Kwa njalo o-Sirayeli
bazibandakanya no-Bali-pehori: yaza ya-
vuta ingqumbo KAYEHOVA ngako-Sirayeli.
4 Wayesiti UYEHOVA ku-Mosesi: Tabata
bonke abazinkloko zabantu, ubaxome pa-
mbi KWOYEHOVA ngaselangeni, ukuze ku-
buyiswe ubushushu bengqumbo KAYEHOVA
ko-Sirayeli. 5 Waza u-Mosesi wati kuba-
gwebi bo-Sirayeli: Maniti omnye ngom-
nye abulale amadoda ake azibandakanyi-
leyo no-Bali-pehori.
6 Kekaloku, bona ke, omnye waselusa-
tsheni luka-Sirayeli weza wamsondeza ku-
bazalwana bake um-Midiyanekazi, eme-
hlweni ka-Mosesi, nasemehlweni ayo yonke
inklanganiso yosapo luka-Sirayeli, nxa be-
belila bona emnyango wentente yenkla-
ngano. 7 Wandula wati u-Finehasi, unyana
ka-Elezari, unyana ka-Arone umperisite,
akubona *oko*, wesuka pakati kwenklanga-
niso, watabata umkonto esandhleni sake,
8 walandela indoda engum-Sirayeli ente-
nteni, wahlaba bobabini, indoda engum-
Sirayeli, nenkazana leyo esiswini sayo.
Sada sanqamka isibulalo elusatsheni luka-
Sirayeli. 9 Abo ke ababefile ngesibulalo
bebengamawaka angamashumi mabini ena-
mane.
10 Waza wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 11 u-Finehasi, unyana ka-Elezari,
unyana ka-Arone umperisite, ubuyisile
umsindo wami elusatsheni luka-Sirayeli,
ekubeni abenekwele ngekwele lami pakati



University of Fort Hare

kwalo, ukuba ndandingagqibelanga usapo
luka-Sirayeli ngekwele lami. 12 Yiti ngo-
ko: Bona ke, ndimnika ucebano lwami
lwoxolo: 13 lwobako kuye, nakwinzalo
yake emva kwake, ucebano lwobuperisite
obungunapakade; ngokokuba ebenekwele
ngenxa YOTIXO wake, nokuba wenzela
usapo luka-Sirayeli uxoliso. 14 Kekaloku
igama lendoda engum-Sirayeli ebuleweyo,
eyabibulawa naye um-Midiyanekazi, li-
ngu-Zimri, unyana ka-Salu, inkosi yendhlu
yoyise pakati kwama-Simone. 15 Negama
lenkazana ebuleweyo, lom-Midiyanekazi,
lingu-Kozibi, intombi ka-Tsure, obeyinklo-
ko yabantu bendhlu yoyise e-Midiyane.
16 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
wati: 17 Wapate ama-Midiyane ngobu-
tshaba, uwabete: 18 ngokuba wona enzile
ngobutshaba kuni ngamaqokolo awo, ani-
qokoleleyo ngawo emcimbini ka-Pehori,
nasemcimbini ka-Kozibi, intombi yenkosi
yase-Midiyane, udade wawo, ebibulawa
emhleni wesibulalo, pezu kwomcimbi ka-
Pehori.

26 KWAYE kute emveni kwesibulalo
eso, watsho UYEHOVA ku-Mosesi, naku-
Elezari, unyana ka-Arone umperisite, esiti:
2 Tabatani inani layo yonke inklanganiso
yosapo luka-Sirayeli, elabaminyaka ima-
shumi mabini nabapezulu ubudala babo,
ngendhlu zoyise zabo, bonke abapumayo
nomkosi kwa-Sirayeli. 3 Baza u-Mosesi
no-Elezari umperisite bateta nabo emata-
feni ase-Mowabi, ngase-Yoredane, *malu-
ngana* ne-Jeriko, besiti: 4 *Tabatani* inani
labaminyaka imashumi mabini nabapezulu
ubudala babo; njengokuba UYEHOVA ebe-
yalele u-Mosesi, nosapo luka-Sirayeli olwa-
pumayo ezweni le-Jipete.
5 U-Rubene, owamazibulo ka-Sirayeli:
onyana baka-Rubene: *k*u-Hanoki *kwavela*
isizalwane sama-Hanoki; ku-Palu, isiza-
lwane sama-Palu; 6 ku-Hetserone, isiza-
lwane sama-Hetserone; ku-Kami, isiza-
lwane sama-Kami. 7 Zezi izizalwane zama-
Rubene: nabalweyo awo ebengamawaka
angamashumi mane enamatatu, anamakulu
asixenxe, anamashumi matatu. 8 Nonyana
baka-Palu; ngu-Eliyabe. 9 Nonyana ba-
ka-Eliyabe; ngu-Nemuweli, no-Datane,
no-Abirame. Ngulo-Datane no-Abirame,
abadumileyo enklanganisweni, abebepika
no-Mosesi no-Arone embutweni ka-Kora,
bakupika NOYEHOVA; 10 wada umhlaba
wavula umlomo wawo, wabaginya bona
no-Kora, kwakububa imbuto leyo, okuya
umlilo wadhlayo amadoda angamakulu ma-
bini anamashumi mahlanu, aza aba ngum-
qondiso. 11 Kodwa onyana baka-Kora be-
bengafi bona.
12 Onyana baka-Simone, ngezizalwane
zabo: ku-Nemuweli *kwavela* isizalwane
sama-Nemuweli; ku-Yamine, isizalwane
sama-Yamine; ku-Yakine, isizalwane sama-
Yakine; 13 ku-Zera, isizalwane sama-
Zera; ku-Saule, isizalwane sama-Saule.
14 Zezi izizalwane zama-Simone: enga-
mawaka angamashumi mabini enamabini,
anamakulu mabini.
15 Onyana baka-Gadi, ngezizalwane
zabo: ku-Tsefone *kwavela* isizalwane sama-
Tsefone; ku-Hagi, isizalwane sama-Hagi;
ku-Shuni, isizalwane sama-Shuni; 16 ku-
Ozeni, isizalwane sama-Ozeni; ku-Heri,
isizalwane sama-Heri; 17 ku-Arodi, isiza-
lwane sama-Arodi; ku-Areli, isizalwane
sama-Areli. 18 Zezi izizalwane zama-Gadi,
ngabalweyo awo: engamawaka angama-
shumi mane, anamakulu mahlanu.
19 Onyana baka-Juda bebengu-Here no-
Onane; kodwa babuba u-Here no-Onane
elizweni le-Kanane. 20 Baye onyana baka-
Juda ngezizalwane zabo be*ngaba:* ku-Shela
*kwavela* isizalwane sama-Shela; ku-Faretse,
isizalwane sama-Faretse; ku-Zera, isiza-
lwane sama-Zera. 21 Nonyana baka-Faretse
bebe*ngaba:* ku-Hetserone *kwavela* isiza-
lwane sama-Hetserone; ku-Hamule, isiza-
lwane sama-Hamule. 22 Zezi izizalwane
zika-Juda, ngababalweyo babo: bengama-
waka angamashumi asixenxe enamatanda-
tu, anamakulu mahlanu.
23 Onyana baka-Yisakare, ngezizalwane
zabo: *k*u-Tola *kwavela* isizalwane sama-
Tola; ku-Puwa, isizalwane sama-Puwa;
24 ku-Yashube, isizalwane sama-Yashube;
ku-Shimrone, isizalwane sama-Shimrone.
25 Zezi izizalwane zika-Yisakare, ngaba-
balweyo babo: bengamawaka angamashu-
mi matandatu enamane, anamakulu matatu.
26 Onyana baka-Zebulone, ngezizalwane
zabo: ku-Serede *kwavela* isizalwane sama-
Serede; ku-Eloni, isizalwane sama-Eloni;
ku-Yaheleli, isizalwane sama-Yaheleli. 27
Zezi izizalwane zama-Zebulone, ngaba-
lweyo awo: engamawaka angamashumi ma-
tandatu, anamakulu mahlanu.
28 Onyana baka-Josefe, ngezizalwane
zabo, bebengu-Manase no-Efrayime. 29 O-



University of Fort Hare
Together in Excellence

nyana baka-Manase: ku-Makire *kwavela*
isizalwane sama-Makire: wati u-Makire
wazala u-Gileyadi: ku-Gileyadi *kwavela*
isizalwane sama-Gileyadi. 30 Ngaba o-
nyana baka-Gileyadi: *ku*-Yihezere *kwavela*
isizalwane sama-Yihezere; ku-Heleki, isi-
zalwane sama-Heleki; 31 na*ku*-Asiriyeli,
isizalwane sama-Asiriyeli; na*ku*-Shekeme,
isizalwane sama-Shekeme; 32 na*ku*-She-
mida, isizalwane sama-Shemida; na*ku*-He-
fere, isizalwane sama-Hefere. 33 Kodwa
u-Tselofehadi, unyana ka-Hefere, ebenge-
nabo onyana, wanentombi kupela; nama-
gama entombi zika-Tselofehadi, ngu-Maha-
la, no-Noha, *no*-Hogela, *no*-Mileka, no-Ti-
retsa. 34 Zezi izizalwane zika-Manase:
nababalweyo babo bebengamawaka anga-
mashumi mahlanu enamabini, anamakulu
asixenxe.

35 Ngaba onyana baka-Frayime, ngezi-
zalwane zabo: ku-Shutela *kwavela* isizalwa-
ne sama-Shutela; ku-Bekere, isizalwane
sama-Bekere; ku-Tahane, isizalwane sama-
Tahane. 36 Ngaba nonyana baka-Shute-
la: ku-Herani *kwavela* isizalwane sama-
Herani. 37 Zezi izizalwane zonyana ba-
ka-Frayime, ngababalweyo babo: benga-
mawaka angamashumi matatu enamabini,
anamakulu mahlanu. Ngaba onyana baka-
Josefe, ngezizalwane zabo.

38 Onyana baka-Benjamine, ngeziza-
lwane zabo: ku-Bela *kwavela* isizalwane
sama-Bela; ku-Ashebele, isizalwane sama-
Ashebele; ku-Ahirame, isizalwane sama-
Ahirame; 39 ku-Shufame, isizalwane sa-
ma-Shufame; ku-Hufame, isizalwane sama-
Hufame. 40 Nonyana baka-Bela bebengu-
Aredi no-Nahamane: *ku-Aredi kwavela* isi-
zalwane sama-Aredi; ku-Nahamane, isiza-
lwane sama-Nahamane. 41 Ngaba onyana
baka-Benjamine, ngezizalwane zabo: naba-
balweyo babo bebengamawaka angama-
shumi mane enamahlanu, anamakulu ma-
tandatu.

42 Ngaba onyana baka-Dane, ngeziza-
lwane zabo: ku-Shuhame *kwavela* isizalwane
sama-Shuhame. Zezi izizalwane zika-Dane,
ngezizalwane zabo. 43 Zonke izizalwane
zama-Shuhame, ngabalweyo awo, ebenga-
mawaka angamashumi matandatu enama-
ne, anamakulu mane.

44 Onyana baka-Ashere, ngezizalwane
zabo: ku-Yimna *kwavela* isizalwane sama-
Yimna; ku-Yishevi, isizalwane sama-Yi-
shevi; ku-Beriha, isizalwane sama-Beriha:
45 konyana baka-Beriha; ku-Kebere *kwa-
vela* isizalwane sama-Kebere; ku-Makiyeli,
isizalwane sama-Makiyeli. 46 Negama
lentombi ka-Ashere lalingu-Sera. 47 Zezi
izizalwane zonyana baka-Ashere, ngababa-
lweyo babo: bengamawaka angamashumi
mahlanu enamatatu, anamakulu mane.

48 Onyana baka-Nefatali, ngezizalwane
zabo: ku-Yatsiyeli *kwavela* isizalwane sa-
ma-Yatsiyeli; ku-Guni, isizalwane sama-
Guni; 49 ku-Yetsere, isizalwane sama-
Yetsere; ku-Shileme, isizalwane sama-Shi-
leme. 50 Zezi izizalwane zika-Nefatali,
ngezizalwane zabo: nababalweyo babo
bebengamawaka angamashumi mane ena-
mahlanu, anamakulu mane.

51 Ngaba ababalweyo bosapo luka-Si-
rayeli: bengamawaka angamakulu mata-
ndatu enewaka linye ngapandhle, anama-
kulu asixenxe, anamashumi matatu.

52 Waza UYEHOVA wateta ku-Mosesi, esi-
ti: 53 Kubo aba ilizwe liya kwabiwa
libe lilifa, ngombalo wamagama. 54 Abo
baninzi uya kubandisela ilifa labo, nabo
bancinane uya kubancipisela ilifa labo;
ngento elingana nababalweyo babo baya
kunikwa ilifa labo abanye ngabanye.
55 Kodwa ilizwe liya kwabiwa ngeqashi-
so noko; ngamagama ezizwe zoyise babo
baya kulidhla ilifa. 56 Njengokuti kwe-
qashiso kuya kwabiwa ilifa lalo, pakati
kwabaninzi nabancinane.

57 Ngaba nababalweyo babo aba-Levi,
ngezizalwane zabo: ku-Gereshone *kwavela*
isizalwane sama-Gereshone; ku-Kohati,
isizalwane sama-Kohati; ku-Merari, isiza-
lwane sama-Merari. 58 Zizo ezi izizalwane
zaba-Levi: isizalwane sama-Libeni, isiza-
lwane sama-Hebrone, isizalwane sama-Ma-
hali, isizalwane sama-Mushi, isizalwane
sama-Kora. Wati u-Kohati wazala u-Ha-
merame. 59 Nomfazi ka-Hamerame iga-
ma lake lalingu-Yokebedi, intombi ka-
Levi, owati *unina* wamzalela u-Levi e-Ji-
pete; waye yena ezalela u-Hamerame u-
Arone no-Mosesi, no-Miriyame udade wabo.
60 No-Arone kwazalelwa yena u-Nadabi
no-Abihu, u-Elezari no-Yitamare. 61
Kodwa babuba u-Nadabi no-Abihu, ba-
kunikela umlilo wasemzini pambi KWO-
YEHOVA. 62 Baye ababalweyo babo be-
ngamawaka angamashumi mabini enama-
tatu, bengawo onke amadoda abudala
buyinnyanga 'nnye nobupezulu: ngokuba
bona bebengabalwa pakati kwosapo luka-



University of Fort Hare

Sirayeli, ngennxa yokuba bebenganikwa
'lifa pakati kwosapo luka-Sirayeli.
63 Aba bangabo babalwayo ngu-Mosesi
no-Elezari umperisite, ababala usapo luka-
Sirayeli ematafeni ase-Mowabi, ngase-Yore-
dane, *malungana* ne-Jeriko. 64 Kodwa pakati
kwabo aba, bekungeko namnye wababe-
balwa ngu-Mosesi no-Arone umperisite,
okuya babebala usapo luka-Sirayeli enkla-
ngo ye-Sinai. 65 Ngokuba UYEHOVA ebe-
te ngabo: Baya kufa ngennyaniso enkla-
ngo. Kwada akwabiko oseleyo kubo nam-
nye, kupela ngu-Kalebi, unyana ka-Jefune,
no-Yoshuwa, unyana ka-Nune.

27 KWANDULA kwasondela intombi
zika-Tselofehadi, unyana ka-Hefere,
unyana ka-Gileyadi, unyana ka-Makire,
unyana ka-Manase, kuzo izizalwane zika-
Manase, unyana ka-Josefe: namagama
entombi zake ngawo la: ngu-Mahala, no-
Noha, no-Hogela, no-Mileka, no-Tiretsa.
2 Zaza zemi ebusweni buka-Mosesi, naso-
busweni buka-Elezari umperisite, nasebu-
sweni bazo inkosi nayo yonke inklanga-
niso, ngasemnyango wentente yenklanga-
no, zisiti: 3 Ubawo wafela enklango, waye
yena engeko pakati kwembuto yabo ababe-
zihlanganisela ngakuye UYEHOVA embutwe-
ni ka-Kora; kodwa wafa ngesake isono,
engabanga nabo onyana ke. 4 Kunganina
ukuba kususwe igama lobawo pakati kwe-
sizalwane sake, ngokuba kungeko kuye
unyana? Sinike imfuyo pakati kwabaza-
lwana bobawo wetu.
5 Waye u-Mosesi wasondeza ityala lazo
pambi KWOYEHOVA. 6 Waza wateta UYE-
HOVA ku-Mosesi, esiti: 7 Intombi zika-Tse-
lofehadi zilungisile ukuteta: uya kuzinika
ngennyaniso imfuyo yelifa pakati kwabaza-
lwana boyise wazo; wauya kwenza ilifa lo-
yise lidhlulele kuzo. 8 Nakulo usapo luka-
Sirayeli uya kuteta, usiti: Nxa kufayo um-
ntu, engenaye unyana, niya kulenza ilifa
lake lidhlulele kwintombi yako. 9 Naxe-
shekweni angenayo intombi, niya kunika
ilifa lake kubaninawe bake. 10 Kodwa
ukuba akanabo abaninawe, niya kunika ilifa
lake kubaninawe boyise. 11 Ukuba kanja-
lo uyise akanabaninawe, niya kunika ilifa
lake kumlamane wake okufupi kuye pakati
kwesizalwane sake, oya kudhla lona. Oku
kwoba ngummiselwa wesiko elusatsheni
luka-Syrayeli, njengokuba UYEHOVA ebem-
yalela u-Mosesi.

12 WANDULA wati UYEHOVA ku-Mo-
sesi: Nyukela kulentaba ye-Habarime, uzo
ubone elozwe ndilinikileyo elusatsheni lu-
ka-Sirayeli. 13 Nxa ulibonileyo, uya kwa-
ndula ubutelwe ebantwini bako nawe, nje-
ngokuba ebebutelwa u-Arone umkuluwo
wako: 14 ngokokuba nibe nivukela ilizwi
lami enklango ye-Tsine, ekupikeni kwen-
klanganiso, ukundingcwalisa ngasemanzini
pambi kwamehlo abo. Lawo ngamanzi
e-Meriba yase-Kadeshe enklango ye-Tsine.
15 Waza u-Mosesi wateta KUYEHOVA,
esiti: 16 Makati UYEHOVA, UTIXO wemi-
moya yoluntu lwonke, ongamise indoda
pezu kwalenklanganiso, 17 eya kupuma
pambi kwabo, neya kungena pambi kwabo,
eya kubapumisa kanjalo, neya kubangeni-
sa; ukuze inklanganiso KAYEHOVA ingabi
njengegusha ezingenamalusi.
18 Wayesiti UYEHOVA ku-Mosesi: Taba-
tela kuwe u-Yoshuwa, unyana ka-Nune,
indoda ekukuyo UMOYA, ulalise isandhla sa-
ko pezu kwake; 19 uze ummise ebusweni
buka-Elezari umperisite, nasebusweni bayo
yonke inklanganiso; umyalezele kwa se-
mehlweni abo. 20 Wauya kubeka kubu-
ngangamsha bako pezu kwake, ukuze beve
ke, *kwa* yonke inklanganiso yosapo luka-
Sirayeli. 21 Waeya kuma pambi kwo-Ele-
zari umperisite, oya kumbuzela ngoku-
gweba kwe-Urime ebusweni BUKAYEHOVA:
ngelizwi lake baya kupuma, nangelizwi
lake baya kungena, yena, nalo lonke usapo
luka-Sirayeli kunye naye, kwa yonke inkla-
nganiso.
22 Wenza u-Mosesi njengokuba UYEHOVA
ebemyalele: wayetabata u-Yoshuwa, wam-
misa ebusweni buka-Elezari umperisite,
nasebusweni bayo yonke inklanganiso;
23 waza walalisa izandhla zake pezu
kwake, wamyalezela; njengokuba UYEHO-
VA ebetetile ngesandhla sika-Mosesi.

28 WABUYA wateta UYEHOVA ku-Mose-
si, esiti: 2 Yalela usapo luka-Sirayeli,
uti kulo: Umnikelo wami, ukutya kwami
kweminikelo eyenziwa ngomlilo, ivumba
elimnandi lami, niya kulumka ukuba ni-
wunikele kumi ngexesha lawo elimiselwe-
yo.
3 Wanya kuti kulo: Nguwo lo umnike-
lo owenziwa ngomlilo eniya kuwunikela KU-
YEHOVA: zimbini imvana zomnyaka 'mnye
ezimsulwa immini ngemmini, libe lidini
lokutshiswa elifuti. 4 Ennye imvana uya



University of Fort Hare
Together in Excellence

kuyinikela kwakusa, neyesibini imvana
nya kuyinikela pakati kwokuhlwa; 5 kwa
neseshumi isiqingata seyefa yomgubo oco-
lekileyo, ube ngumnikelo wokudhla, unye-
liwe ngeoli enqushelweyo esesesine isi-
qingata sehine: 6 lidini lokutshiswa
elifuti, elibe lidalelwa entabeni ye-Sinai
libe livumba elimnandi, umnikelo owenzi-
wa ngomlilo KUYEHOVA. 7 Nomnikelo
wokusela wawo wona woba sesesine isiqi-
ngata sehine kwennye imvana: kweyin-
gcwele *indawo* nya kutululela umnikelo
woselo olunamandhla KUYEHOVA. 8 Ne-
yesibini imvana woyinikela pakati kwoku-
hlwa: njengomnikelo wokudhla wokusa,
nanjengomnikelo wokusela wawo, uya
kunikela *yona*, ibe ngumnikelo owenziwa
ngomlilo, wevumba elimnandi KUYEHOVA.
9 Nangemmini yesabata *niya kunikela*
zibe 'mbini imvana zomnyaka 'mnye ezi-
msulwa, nezibini ezeshumi iziqingata ze-
yefa yomgubo ocolekileyo, ube ngumnikelo
wokudhla, unyeliwe ngeoli, nomnikelo wo-
kusela wawo: 10 lidini lokutshiswa lesa-
bata ngesabata *eli*, ngapezu kwelifuti idini
lokutshiswa, nomnikelo wokusela walo.
11 Nasekutwaseni kwennyanga zenu ni-
ya kunikela idini lokutshiswa KUYEHOVA:
inkunzana zenkomo zibe 'mbini, nenkunzi
yegusha ibe 'nnye, *n*emvana zomnyaka
'mnye zibe 'sixenxe, ezimsulwa; 12 nezi-
tatu ezeshumi iziqingata *zeyefa* yomgubo
ocolekileyo, ube ngumnikelo wokudhla,
unyeliwe ngeoli, kwinkunzana innye; ne-
zibini ezeshumi iziqingata *zeyefa* yomgubo
ocolekileyo, ube ngumnikelo wokudhla,
unyeliwe ngeoli, kwinkunzi yegusha in-
nye; 13 neseshumi isiqingata *seyefa* yom-
gubo ocolekileyo, ube ngumnikelo wo-
kudhla, unyeliwe ngeoli, kwimvana ngem-
vana: lidini lokutshiswa libe livumba
elimnandi, umnikelo owenziwa ngomlilo
KUYEHOVA. 14 Neminikelo yokusela yazo
soba sisiqingata sehine yeveyine kuyo
inkunzana, nesesitatu isiqingata sehine
kuyo inkunzi yegusha, nesesine isiqingata
sehine kuyo imvana: leli idini lokutshi-
swa lennyanga ngennyanga pakati kwazo
innyanga zomnyaka. 15 Kanjako itakane
lebokwe linye, libe lidini lesono KUYE-
HOVA, ngapandhle kwelifuti idini loku-
tshiswa, lonikelwa, kwa nomnikelo woku-
sela walo.
16 Nangennyanga yokuqala, ngoweshu-
mi linesine umhla wennyanga, yipasika
KUYEHOVA. 17 Nangoweshumi linesihlanu
umhla wennyanga leyo, ngumtendeleko:
yimihla esixenxe izonka ezingenagwele
ziya kutyiwa. 18 Ngomhla wokuqala
kwoba yinklanganisano engcwele; aniyi
kuwenza namnye umsebenzi wenkonzo:
19 koko niya kunikela umnikelo owe-
nziwa ngomlilo, libe lidini lokutshiswa,
KUYEHOVA: inkunzana zenkomo zibe 'mbi-
ni, nenkunzi yegusha ibe 'nnye, nemvana
zomnyaka 'mnye zibe 'sixenxe: zezimsu-
lwa eniya kuba nazo: 20 nomnikelo wo-
kudhla wazo wona woba ngowomgubo
ocolekileyo unyeliwe ngeoli: zezitatu
ezeshumi iziqingata *zeyefa* kuyo inkunza-
na, nezibini ezeshumi iziqingata *zeyefa*
kuyo inkunzi yegusha, eniya kuzinikela;
21 *n*eseshumi isiqingata *seyefa* wosinikela
sibe kwimvana ngemvana, kwezisixenxe
imvana ezinnye ngezinnye: 22 nebokwe
ibe 'nnye, ibe lidini lesono, nize nenzelwe
uxoliso. 23 Ezizinto niya kuzinikela nga-
pandhle kwedini lokutshiswa lokusa, eli-
leledini lokutshiswa elifuti. 24 Kungo-
kunjalo niya kunikela ngemmini ngemmini,
imihla yosixenxe, ukutya kwomnikelo owe-
nziwa ngomlilo, wevumba elimnandi KUYE-
HOVA: ngapandhle kwelifuti idini loku-
tshiswa wonikelwa wona, kwa nomnikelo
wokusela wawo. 25 Nangomhla wesixenxe
noba nenklanganisano engcwele; aniyi ku-
wenza namnye umsebenzi wenkonzo.
26 Kanjalo ngomhla welibo, nxa niso-
udezayo umnikelo wokudhla omtsha KUYE-
HOVA, emva kweveki zenu, noba nenkla-
nganisano engcwele; aniyi kuwenza nam-
nye umsebenzi wenkonzo: 27 koko niya
kunikela idini lokutshiswa libe livumba
elimnandi KUYEHOVA: inkunzana zenkomo
zibe 'mbini, nenkunzi yegusha ibe 'nnye,
nemvana zomnyaka 'mnye zibe 'sixenxe:
28 nomnikelo wokudhla wazo womgubo
ocolekileyo unyeliwe ngeoli: ezitatu eze-
shumi iziqingata *zeyefa* kwinkunzana
innye, ezibini ezeshumi iziqingata *zeyefa*
kwinkunzi yegusha innye; 29 *n*eseshumi
isiqingata *seyefa* kwimvana ngemvana,
kwezisixenxe imvana ezinnye ngezinnye:
30 *n*etakane lebokwe libe linye, nize ne-
nzelwe uxoliso. 31 Ngapandhle kwelifuti
idini lokutshiswa, nomnikelo wokudhla
walo, niya kuzinikela, (zezimsulwa eniya
kuba nazo,) kwa neminikelo yokusela yazo.
29 Nangennyanga yesixenxe, ngowoku-
qala *umhla* wennyanga, noba nenkla-



University of Fort Hare

nganisano engcwele; aniyi kuwenza nam-
nye umsebenzi wenkonzo: woba ngumhla
wokuhlokoma kwamaxilongo kuni. 2 Na-
niya kulenza idini lokutshiswa libe livu-
mba elimnandi KUYEHOVA: inkunzana yen-
komo ibe 'nnye, inkunzi yegusha ibe
'nnye, nemvana zomnyaka 'mnye zibe
'sixenxe, ezimsulwa: 3 nomnikelo woku-
dhla wazo womgubo ocolekileyo unyeliwe
ngeoli: ezitatu ezeshumi iziqingata *zeyefa*
kuyo inkunzana, ezibini ezeshumi izi-
qingata *zeyefa* kuyo inkunzi yegusha;
4 neseshumi isiqingata *seyefa* kwimvana
ngemvana, kwezisixenxe imvana ezinnye
ngezinnye: 5 netakane lebokwe libe linye,
eledini lesono, nize nenzelwe uxoliso:
6 ngapandhle kwedini lokutshiswa len-
nyanga etwasileyo, nomnikelo wokudhla
walo, nedini lokutshiswa elifuti, nomni-
kelo wokudhla walo, neminikelo yokusela
yawo, njengesiko lawo, libe livumba eli-
mnandi, umnikelo owenziwa ngomlilo KU-
YEHOVA.

7 Nangoweshumi *umhla* walennyanga
yesixenxe noba nenklanganisano engcwele;
naniya kubandezela imipefumlo yenu;
aniyi kuwenza namnye umsebenzi wenko-
nzo: 8 koko niya kunikela idini loku-
tshiswa KUYEHOVA, libe livumba elimna-
ndi: inkunzana yenkomo ibe 'nnye, inku-
nzi yegusha ibe 'nnye, nemvana zomnyaka
'mnye zibe 'sixenxe: zezimsulwa eniya
kuba nazo: 9 nomnikelo wokudhla wazo
womgubo ocolekileyo unyeliwe ngeoli: ezi-
tatu ezeshumi iziqingata *zeyefa* kuyo inku-
nzana, ezibini ezeshumi iziqingata *zeyefa*
kwinkunzi yegusha innye; 10 neseshumi
isiqingata *seyefa* kwimvana ngemvana,
kwezisixenxe imvana ezinnye ngezinnye:
11 netakane lebokwe libe linye, eledini
lesono: ngapandhle kwedini lesono lokuxo-
lisa, nedini lokutshiswa elifuti, nomnikelo
wokudhla walo, neminikelo yokusela yawo.

12 Nangoweshumi linesihlanu umhla
wennyanga yesixenxe noba nenklangani-
sano engcwele; aniyi kuwenza namnye
umsebenzi wenkonzo: koko niya kubamba
umtendeleko KUYEHOVA isixenxe semihla:
13 naniya kunikela idini lokutshiswa,
umnikelo owenziwa ngomlilo, ivumba
elimnandi KUYEHOVA: inkunzana zenkomo
zibe lishumi linantatu, inkunzi zegusha
zibe 'mbini, imvana zomnyaka 'mnye
zibe lishumi elinanne: zoba zezimsulwa:
14 nomnikelo wokudhla wazo womgubo
ocolekileyo unyeliwe ngeoli: ezitatu eze-
shumi iziqingata *zeyefa* kwinkunzana
'nnye, kwezilishumi linantatu inkunzana
ezinnye ngezinnye; ezibini ezeshumi izi-
qingata *zeyefa* kwinkunzi 'nnye yegusha,
kwezimbini inkunzi zegusha ezinnye nge-
zinnye; 15 neseshumi isiqingata *seyefa*
kwimvana 'nnye, kwezilishumi linanne im-
vana ezinnye ngezinnye: 16 netakane
lebokwe libe linye, eledini lesono: nga-
pandhle kwelifuti idini lokutshiswa, nom-
nikelo wokudhla walo, nowokusela walo.

17 Nangomhla wesibini *nonikela* inku-
nzana zenkomo zibe lishumi linambini,
inkunzi zegusha zibe 'mbini, imvana zom-
nyaka 'mnye zibe lishumi elinanne, ezi-
msulwa; 18 nomnikelo wokudhla wazo,
neminikelo yokusela yazo, eyenkunzana,
eyenkunzi zegusha, neyemvana, ngenani
lazo, njengesiko: 19 netakane lebokwe
libe linye, eledini lesono: ngapandhle
kwelifuti idini lokutshiswa, nomnikelo
wokudhla walo, neminikelo yokusela yazo.

20 Nangomhla wesitatu *nonikela* inku-
nzana zenkomo zibe lishumi linannye, inku-
nzi zegusha zibe 'mbini, imvana zomnyaka
'mnye zibe lishumi elinanne, ezimsulwa;
21 nomnikelo wokudhla wazo, neminikelo
yokusela yazo, eyenkunzana, eyenkunzi
zegusha, neyemvana, ngenani lazo, nje-
ngesiko; 22 nebokwe yedini lesono ibe
'nnye: ngapandhle kwelifuti idini loku-
tshiswa, nomnikelo wokudhla walo, nowo-
kusela walo.

23 Nangomhla wesine *nonikela* inku-
nzana zenkomo zibe lishumi, inkunzi zegu-
sha zibe 'mbini, imvana zomnyaka 'mnye
zibe lishumi elinanne, ezimsulwa; 24 nom-
nikelo wokudhla wazo, neminikelo yoku-
sela yazo, eyenkunzana, eyenkunzi zegu-
sha, neyemvana, ngenani lazo, njengesiko;
25 netakane lebokwe libe linye, eledini
lesono: ngapandhle kwelifuti idini loku-
tshiswa, nomnikelo wokudhla walo, nowo-
kusela walo.

26 Nangomhla wesihlanu *nonikela* inku-
nzana zenkomo zibe litoba, inkunzi zegu-
sha zibe 'mbini, imvana zomnyaka 'mnye
zibe lishumi elinanne, ezimsulwa; 27 nom-
nikelo wokudhla wazo, neminikelo yoku-
sela yazo, eyenkunzana, eyenkunzi zegu-
sha, neyemvana, ngenani lazo, njengesiko;
28 nebokwe yedini lesono ibe 'nnye: nga-
pandhle kwelifuti idini lokutshiswa, nom-
nikelo wokudhla walo, nowokusela walo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

29 Nangomhla wesitandatu *nonikela*
inkunzana zenkomo zibe 'sibozo, inkunzi
zegusha zibe 'mbini, imvana zomnyaka
'mnye zibe lishumi elinanne, ezimsulwa;
30 nomnikelo wokudhla wazo, neminikelo
yokusela yazo, eyenkunzana, eyenkunzi
zegusha, neyemvana, ngenani lazo, nje-
ngesiko; 31 nebokwe yedini lesono ibe
'nnye: ngapandhle kwelifuti idini loku-
tshiswa, *n*omnikelo wokudhla walo, nowo-
kusela walo.

32 Nangomhla wesixenxe *nonikela* inku-
nzana zenkomo zibe 'sixenxe, inkunzi
zegusha zibe 'mbini, imvana zomnyaka
'mnye zibe lishumi elinanne, ezimsulwa;
33 nomnikelo wokudhla wazo, neminikelo
yokusela yazo, eyenkunzana, eyenkunzi
zegusha, neyemvana, ngenani lazo, nje-
ngesiko; 34 nebokwe yedini lesono ibe
'nnye: ngapandhle kwelifuti idini loku-
tshiswa, *n*omnikelo wokudhla walo, nowo-
kusela walo.

35 Ngowesibozo umhla noba nenkla-
nganiso enkulu; aniyi kuwenza namnye
umsebenzi wenkonzo: 36 koko niya ku-
nikela idini lokutshiswa, umnikelo owe-
nziwa ngomlilo, wevumba elimnandi KU-
YEHOVA: inkunzana yenkomo ibe 'nnye,
inkunzi yegusha ibe 'nnye, imvana zom-
nyaka 'mnye zibe 'sixenxe, ezimsulwa;
37 *n*omnikelo wokudhla wazo, neminikelo
yokusela yazo, eyenkunzana, eyenkunzi
yegusha, neyemvana, ngenani lazo, nje-
ngesiko; 38 nebokwe yedini lesono ibe
'nnye: ngapandhle kwelifuti idini loku-
tshiswa, nomnikelo wokudhla walo, nowo-
kusela walo.

39 Ezizinto niya kuzinikela KUYEHOVA
ngemitendeleko yenu emiselweyo, ngapa-
ndhle kwezibambiso zenu, neminikelo
yesisa yenu, ngennxa yamadini oku-
tshiswa enu, nangennxa yeminikelo yoku-
dhla yenu, nangennxa yeminikelo yoku-
sela yenu, nangennxa yeminikelo yoxolo
yenu.

40 Waxela ke u-Mosesi elusatsheni luka-
Sirayeli, njengako konke UYEHOVA abemya-
lele u-Mosesi ngako.

30 WAZA wateta u-Mosesi kwabazin-
kloko zezizwe ngalo usapo luka-
Sirayeli, esiti: Nantsi indawo ayiyaleleyo
UYEHOVA. 2 Xeshekweni indoda iya ku-
bambisa ngesibambiso KUYEHOVA, umhla-
umbi iya kufunga ngesifungo sokunxiba
umpefumlo wayo ngesinxibo, ilizwi layo
ayiyi kulitshitshisa; njengako konke oku-
pumileyo emlonyeni wayo, iya kwenje
njalo.

3 Nenkazana xeshekweni iya kubambisa
ngesibambiso KUYEHOVA, azinxibe ngesi-
nxibo, isendhlwini kayise ebutsheni bayo;
4 ati uyise eve isibambiso sayo, nesinxibo
sayo iwunxibileyo umpefumlo wayo ngaso,
aze ati cwaka uyise ngakuyo; ziya kwa-
ndul' ukuma zonke izibambiso zayo, nazo
zonke izinxibo iwunxibileyo umpefumlo
wayo ngazo ziya kuma. 5 Kodwa ukuba
uyise walela yona emhleni wokuva kwa-
ke, zonke izibambiso zayo, nezinxibo zayo
iwunxibileyo umpefumlo wayo ngazo, aziyi
kuma; kodwa UYEHOVA woyixolela, ngo-
kuba uyise eyalele.

6 Kanjalo ukuba ibika yanayo indoda,
nxa izibambiso zayo zibe zipezu kwayo,
umhlaumbi ukupimisela kwomlomo wayo,
iwunxibileyo umpefumlo wayo ngako;
7 yaza yeva indoda yayo, kanti emhleni
wokuva kwayo yati cwaka ngakuyo; ziya
kwandul' ukuma izibambiso zayo, nezi-
nxibo zayo iwunxibileyo umpefumlo wayo
ngazo ziya kuma. 8 Kodwa ukuba emhleni
wokuva kwayo indoda yayo yalela yona,
iya kwandula itshabalalise isibambiso sayo
esibe sipezu kwayo, nokupimisela kwom-
lomo wayo, iwunxibileyo umpefumlo wayo
ngako; ati UYEHOVA ayixolele.

9 Kanjako isibambiso somhlolokazi, um-
hlaumbi solahliweyo, konke awunxibileyo
umpefumlo wake ngako kuya kuma nga-
kuye.

10 Ukuba wabambisa endhlwini yendo-
da yake, umhlaumbi wanxiba umpefumlo
wake ngesinxibo ngokufunga; 11 yaza
yeva indoda yake, kanti yona yati cwaka
ngakuye, ingamalelanga; ziya kwandul'
ukuma zonke izibambiso zake, nazo zonke
izinxibo zake awunxibileyo umpefumlo
wake ngazo ziya kuma. 12 Kodwa ukuba
indoda yake yagqibela ukuzitshabalalisa
emhleni wokuva kwayo, konke okupumi-
leyo emlonyeni wake ngezibambiso zake,
nangokunxitywa kwompefumlo wake, aku-
yi kuma; indoda yake izitshabalalisile,
waye UYEHOVA eya kumxolela. 13 Zonke
izibambiso, nazo zonke izifungo zokunxiba,
zokuba kubandezelwe umpefumlo, indoda
yake ingazimisa, umhlaumbi indoda yake
ingazitshabalalisa. 14 Kodwa ukuba indo-
da yake iyagqibela ukuti cwaka ngakuye



University of Fort Hare

kwimihla ngemihla, iyandula imiso zonke
izibambiso zake, umhlaumbi zonke izi-
nxibo zake, ezipezu kwake: imisile zona,
ngokokuba yati ewaka ngakuye emhleni
wokuva kwayo. 15 Nokuba ika izitsha-
balalise emveni kwokuva kwayo, iya kwa-
ndula itwale inkohlakalo yake.

16 Yiyo le imimiselo, ate UYEHOVA wam-
yalela u-Mosesi ngayo, pakati kwendoda
nomfazi wayo, napakati kwoyise nentombi
yake, isebutsheni bayo endhlwini kayise.

31 WAYE UYEHOVA wateta ku-Mosesi,
esiti: 2 Pindezela impindezelo yosapo
luka-Sirayeli kuma-Midiyane: woti kamva
ubutelwe ebantwini bako.

3 Waza u-Mosesi wateta ebantwini, esi-
ti: Manixòbele ukulwa innxennye kuni
ningamadoda, aze aye ngakuwo ama-Midi-
yane, enze impindezelo KAYEHOVA pezu
kwama-Midiyane. 4 Iwaka ngesizwe
ngesizwe, kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli,
niya kulituma ekulweni. 5 Kwa njalo
kwaketwa emawakeni akwa-Sirayeli iwaka
ngesizwe ngesizwe, amawaka alishumi
linamabini exòbele ukulwa. 6 Waza u-
Mosesi wawatuma, iwaka ngesizwe nge-
sizwe, ukuya ekulweni; wena, no-Fine-
hasi unyana ka-Elezari umperisite, uku-
ya ekulweni, enempahla ezingcwele, kwa
amaxilongo okwenza ivuso, esandhleni
sake. 7 Asuka alwa nama-Midiyane, nje-
ngokuba UYEHOVA wabemyalela u-Mosesi,
abulala konke okubudoda. 8 Nokumkani
bama-Midiyane ababulala kunye nabo ba-
behlatyiwe ngawo, u-Evi, no-Rekeme, no-
Tsure, no-Hure, no-Reba, okumkani aba-
hlanu bama-Midiyane: no-Bilame, unyana
ka-Behori, ambulala ngesirele. 9 Lwaza
usapo luka-Sirayeli lwatimba abafazi bama-
Midiyane, nabantwana bawo; nazo zonke
izilo zawo, nazo zonke inkomo zawo, nayo
yonke indyebo yawo, lwazipanga. 10 Ka-
njalo zonke izixeko zawo abehleli kuzo,
nazo zonke ilali zawo, lwazitshisa ngomlilo.
11 Lwaza lwatabata konke okupangiweyo,
nawo onke amaxoba, awabantu nawezilo.
12 Lwandula lwazisa amatinjwa, namaxo-
ba, nokupangiweyo, ku-Mosesi, naku-Ele-
zari umperisite, nakuyo inklanganiso yo-
sapo luka-Sirayeli, emnqubeni, ematafeni
ase-Mowabi, angase-Yordane, *malungana*
ne-Jeriko.

13 Koko u-Mosesi, no-Elezari umperi-
sito, nazo zonke inkosi zenklanganiso,
bapuma ukuya kulukaulela ngapandhle
kwomnquba. 14 Waza u-Mosesi waqu-
mbela abongama bempi, inkosi zamawaka
nenkosi zamakulu, ababevelile ekulweni
kwalomfazwe. 15 Wayesiti kubo u-Mo-
sesi: Nibalondolozile behleli bonke aba-
fazi yinina? 16 Bona ke, aba baba lituba
elusatsheni luka-Sirayeli, ngecebo lika-
Bilame, lokuvusa ubumenemene ngakuye
UYEHOVA emcimbini ka-Pehori; kwaza
kwabako esosibulalo pakati kwenklanga-
niso KAYEHOVA. 17 Ngako kaloku bula-
lani konke okubudoda pakati kwaba-
ntwana, nabo bonke abafazi abayazileyo
indoda ngokulala noyindoda babulaleni.
18 Kodwa bonke abantwana ababunka-
zana, abangazanga ukulala noyindoda,
zilondolozeleni bona behleli. 19 Ize nina
niti waca ngapandhle kwomnquba imihla
ibe 'sixenxe: osukuba ebulele umntu, no-
sukuba ecukumisile ohlatyiweyo, manizi-
hlambulule ngomhla wesitatu, nangomhla
wesixenxe, nina namatinjwa enu. 20 Na-
zo zonke izivato, nazo zonke izinto zo-
lusu, nawo onke amasetyenzwa *oboya*
bebokwe, nazo zonke izinto zemiti, nizi-
hlambulule.

21 Waza u-Elezari umperisite wati ema-
dodeni omkosi abeyile kulomfazwe: Nguwo
lo ummiselo womteto UYEHOVA wamyalelayo
u-Mosesi: 22 kupela igolide, nesilivere,
nexina, nesincete, netine, nelode, 23 zonke
izinto ezingenekayo emlilweni, niya kuzi-
dhlulisa emlilweni, zize zibe zicokisekile;
zaziya kuhlanjululwa ngamanzi okuhla-
nzekisa noko: kodwa konke okungangene-
kiyo emlilweni nokudhlulisa emanzini.
24 Kanjalo niya kuhlanza izivato zenu
ngomhla wesixenxe, nize nibe nicokise-
kile; naniya kuti kamva nibuye ningene
emnqubeni.

25 Wandula watsho UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 26 Tabata inani lamaxoba atinji-
weyo, awabantu nawezilo; wena, no-
Elezari umperisite, nabo bazinkloko *zen-
dhlu* zoyise zenklanganiso. 27 Uze uqi-
ngatise amaxoba lawo, pakati kwabo
ababesenza imfazwe, ababepumela uku-
lwa, napakati kwayo yonke inklanganiso
28 Wandule urolele UYEHOVA isitabatabo
emadodeni emfazwe abepumela ukulwa
umpefumlo ube 'mnye emakulwini ma
hlanu; kubo abantu, nakuzo inkomo,
nakuwo amaqwarashe, nakuzo igusha
29 kuso isiqingata sawo wositabata, us'



University of Fort Hare
Together in Excellence

nike ku-Elezari umperisite sibe ngum-
nikelo wokufunqufunqulwa KAYEHOVA.
30 Nakuso isiqingata sosapo luka-Sirayeli
wotabata *isahlulo* sibe sinye sicatshulwe
emashumini mahlanu, kubo abantu, kuzo
inkomo, kuwo amaqwarashe, nakuzo igu-
sha, kuzo zonke izilo, uzinike kuba-Levi,
abagcinayo isigcinelo setabanakele KAYE-
HOVA. 31 Baye besenza u-Mosesi no-
Elezari umperisite, njengokuba UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi.
32 Kekaloku amaxoba, isisalela sokupa-
ngiweyo, oko ababekupangile abantu bom-
kosi, ebezigusha ezingamawaka angama-
kulu matandatu, anamawaka angamashumi
asixenxe, anamawaka mahlanu; 33 nen-
komo ezingamawaka angamashumi asixe-
nxe enamabini; 34 namaqwarashe anga-
mawaka angamashumi matandatu enalinye;
35 nemipefumlo yabantu, kubo abafazi
abebengazanga ukulala noyindoda, yonke
imipefumlo ibingamawaka angamashumi
matatu enamabini.
36 Nesinye isiqingata, isabelwa sabo
babepumele ukulwa, igusha zazizingama-
waka angamakulu matatu, anamawaka
angamashumi matatu enasixenxe, anama-
kulu mahlanu, ukubalwa kwazo; 37 nesi-
tabataba SIKAYEHOVA kuzo igusha, zazi-
ngamakulu matandatu, anamashumi asixe-
nxe enanklanu. 38 Inkomo zazingama-
waka angamashumi matatu enamatandatu;
nesitabataba SIKAYEHOVA, zazingamashumi
asixenxe enambini. 39 Amaqwarashe ebe-
ngamawaka angamashumi matatu, ana-
makulu mahlanu; nesitabataba SIKAYE-
HOVA, ebengamashumi matandatu enesinye.
40 Imipefumlo yabantu ibingamawaka
alishumi linamatandatu; nesitabataba SI-
KAYEHOVA, imipefumlo yabingamashumi
matatu enamibini. 41 Waza u-Mosesi
wanika isitabataba, umnikelo wokufunqu-
funqulwa KAYEHOVA, ku-Elezari umperi-
site, njengokuba UYEHOVA ebemyalele u-
Mosesi.
42 Nakuso isiqingata sosapo luka-Sira-
yeli, abesahlule u-Mosesi kwesamadoda
abelwile: 43 (kekaloku esenklanganiso
isiqingata sasizigusha ezingamawaka anga-
makulu matatu, anamawaka angamashumi
matatu enasixenxe, anamakulu mahlanu;
44 nenkomo ezingamawaka angamashumi
matatu enamatandatu; 45 namaqwarashe
angamawaka angamashumi matatu, ana-
makulu mahlanu; 46 nemipefumlo yaba-
ntu engamawaka alishumi linamatandatu:)
47 kwa kuso isiqingata sosapo luka-Sira-
yeli, watabata u-Mosesi *isahlulo* sasinye
sicatshulwe emashumini mahlanu, kubo
abantu nakuzo izilo, wazinika kuba-Levi,
abagcinayo isigcinelo setabanakele KAYE-
HOVA, njengokuba UYEHOVA ebemyalele
u-Mosesi.
48 Baza basondela ku-Mosesi abongama
ababepezu kwamawaka omkosi, inkosi za-
mawaka, nenkosi zamakulu; 49 baye be-
siti ku-Mosesi: Izicaka zako zitabatile
inani lamadoda emfazwe apantsi kweza-
ndhla zetu, kekaloku akuko namnye kuti
ongabonwayo. 50 Ngako sizisele UYE-
HOVA umnikelo, omnye ngomnye oko aku-
zuzileyo, impahla zegolide, iwatsha, neza-
colo, imisesane, amacici, nezidanga, ukwe-
nzela imipefumlo yetu uxoliso pambi KWO-
YEHOVA. 51 Baza u-Mosesi no-Elezari
umperisite bamkela igolide leyo kubo,
zonke impahla ezisetyenziweyo. 52 Yonke
igolide yomnikelo, ababewunikela KUYE-
HOVA, ibizishekele ezingamawaka alishumi
linamatandatu, anamakulu asixenxe, ana-
mashumi mahlanu, ivela kuzo inkosi zama-
waka, nakuzo inkosi zamakulu. 53 (*Ngokuba*
amadoda omkosi ebezipangele amanye nga-
manye.) 54 Kwa njalo u-Mosesi no-Elezari
umperisite bamkela igolide leyo kuzo inkosi
zamawaka nezamakulu, bayingenisa ente-
nteni yenklangano, ibe yinkumbuzo ngen-
nxa yosapo luka-Sirayeli ebusweni BUKA-
YEHOVA.

32 KEKALOKU usapo luka-Rubene no-
sapo luka-Gadi lwalunenkomo ezin-
ninzi, into enninzi kakulu: lwati lwaku-
bona ilizwe lase-Yahezere, nelizwe le-Gile-
yadi, ukuba, bona ke, londawo iyindawo
yenkomo; 2 lwandula lweza usapo luka-
Gadi nosapo luka-Rubene, lwatsho ku-
Mosesi, naku-Elezari umperisite, nakuzo
inkosi zenklanganiso, ukuti: 3 i-Hatarote,
ne-Dibone, ne-Yahezere, ne-Nimra, ne-
Heshebone, ne-Elehale, ne-Sebame, ne-
Nebo, ne-Behoni; 4 elozwe owalibetayo
UYEHOVA pambi kwayo inklanganiso yo-
Sirayeli, lilizwe lenkomo; kanjalo izicaka
zako zinenkomo. 5 Lwalekela lwati:
Ukuba sifumene ufefe emehlweni ako,
makunikwe elilizwe kwizicaka zako libe
yimfuyo, uze ungasiwezi i-Yoredane.
6 Koko u-Mosesi wati elusatsheni luka-
Gadi naselusatsheni luka-Rubene: Kanene



University of Fort Hare

abazalwana benu boya emfazweni na, ni-
hlale apa nina? 7 Yinina ukuba nindwe-
bise inkliziyo yosapo luka-Sirayeli, ukuze
lungaweli ukuya kwelozwe UYEHOVA ulu-
pile lona? 8 Benje njalo ke oyihlo benu,
okuya ndabasusayo e-Kadeshe-baneba uku-
ya kukangela ilizwe. 9 Nxa bebenyukile
kwada kwasentilini ye-Shekole, balika-
ngela elozwe, baza bandwebisa inkliziyo
yosapo luka-Sirayeli, ukuze lungayi kwe-
lozwe abelupile lona UYEHOVA. 10 Ya-
ndula yavuta ingqumbo KAYEHOVA ngomhla
lowo, wayefunga ngokuti: 11 Ngennyaniso
lamadoda abepuma e-Jipete, aminyaka inga-
mashumi mabini napezulu ubudala bawo,
akasayi kubona elozwe endifungile ngalo
ku-Abrahame, ku-Yisake, naku-Yakobi;
ngokuba engakolisanga ukundilandela:
12 kupela ngu-Kalebi unyana ka-Jefune
um-Kenazi, no-Yoshuwa unyana ka-Nune;
ngokuba bekolisile bona ukulandela UYE-
HOVA. 13 Kwa njalo ingqumbo KAYEHOVA
yavuta ngako-Sirayeli, waza wabadungu-
delisa enklango iminyaka yamashumi ma-
ne, kwada kwagqityelwa sonke esosizuku-
lwana esibe senzile okukohlakeleyo eme-
hlweni KAYEHOVA. 14 Kekaloku nanku nina
nivukile esikundhleni soyihlo benu, isi-
hlwele sabantu abonayo, ukuba kube kusa-
ndiswa ubushushu bengqumbo KAYEHOVA
ngako-Sirayeli. 15 Xeshekweni nibuyayo
emva kwake, uya kwandula apinde kanja-
ko ukubasalisa enklango; naniya kutsha-
balalisa bonke abantu aba.

16 Lwaza lwasondela kuye, lwati: Izi-
baya zegusha sozakela inkomo zetu, nezi-
xeko *sozak*ela abantwana betu: 17 kodwa
tina siya kukauleza ukuxòba, siye pambi
kwosapo luka-Sirayeli, kude kube kokuya
siluzisileyo endaweni yalo; kanti aba-
ntwana betu baya kuhlala ezixekweni ezi-
nqatyisiweyo, ngennxa yabemi belizwe.
18 Asiyi kubuyela ezindhlwini zetu, lu-
ngekazamkelelanga usapo luka-Sirayeli
olunye ngolunye ilifa lalo. 19 Ngokuba
singayi kulamkela 'lifa tina ndawonye nalo
pesheya kwe-Yoredane, nangasele; ngo-
kuba ilifa letu lize kuti nganeno kwe-
Yoredane ngasempumalanga.

20 Wandula wati u-Mosesi kulo: Ukuba
niya kuyenza lento,—ukuba noya nixòbile
pambi KWOYEHOVA emfazweni, 21 bati
bonke abaxòbileyo pakati kwenu bawele
i-Yoredane pambi KWOYEHOVA, ade agqogqe
intshaba zake pambi kwake, 22 liti neli-
zwe leyiswe pambi KWOYEHOVA: noti kam-
va nibuye ke, nibe ningenatyala ebusweni
BUKAYEHOVA nasebusweni bo-Sirayeli; ne-
lilizwe lona loba yimfuyo kuni ebusweni
BUKAYEHOVA. 23 Kanti ukuba aniyi kwe-
nje njalo, bona ke, nonile ngakuye UYE-
HOVA: kodwa yazini isono senu ukuba
sonifumana. 24 Zakeleni izixeko ngen-
nxa yabantwana benu, nezibaya ngennxa
yegusha zenu; nize nenze ngako okupu-
mileyo emlonyeni wenu.

25 Lwaza usapo luka-Gadi nosapo luka-
Rubene lwateta ku-Mosesi, lusiti: Izicaka
zako ziya kwenza njengokuyalela kwenkosi
yami. 26 Abantwana betu, abafazi betu,
inkomo zetu, nazo zonke izilo zetu,
zoba kona apo ezixekweni zase-Gileyadi;
27 kanti izicaka zako ziya kuwela, zonke
zixòbele ukulwa, pambi KWOYEHOVA uku-
ya emfazweni, njengokuba inkosi yami
itshilo.

28 Waza u-Mosesi wayalela ngalo u-
Elezari umperisite, no-Yoshuwa unyana
ka-Nune, nabazinkloko *zendhlu* zoyise zezi-
zwe zalo usapo luka-Sirayeli: 29 wayo
u-Mosesi esiti kubo: Ukuba usapo luka-
Gadi nosapo luka-Rubene luya kuwela
nani i-Yoredane, lwonke luxòbele imfazwe,
pambi KWOYEHOVA, nokuba liya kweyiswa
ilizwe pambi kwenu; niya kwandula nilu-
nike ilizwe le-Gileyadi libe yimfuyo.
30 Kodwa ukuba aluyi kuwela luxòbile
nani, lwozuza imfuyo pakati kwenu eli-
zweni le-Kanane. 31 Lwaza lwapendula
usapo luka-Gadi nosapo luka-Rubene, lu-
siti: Oko UYEHOVA akutetileyo ezicakeni
zako, siya kwenza ngokunjalo. 32 Siya
kuwela tina, sixòbile, pambi KWOYEHOVA,
siye elizweni le-Kanane; nemfuyo yelifa
letu soba nayo nganeno kwe-Yoredane.

33 Wandula u-Mosesi wanika kulo, *kwa*
kulo usapo luka-Gadi, nakulo usapo luka-
Rubene, nakuso isiqingata sesizwe sika-
Manase unyana ka-Josefe, ubukumkani
buka-Sihone ukumkani waba-Amori, nobu-
kumkani buka-Hogi ukumkani we-Basha-
ne, ilizwe kunye nezixeko zalo emideni,
izixeko zelizwe elingqongayo.

34 Lwaye usapo luka-Gadi lwaka i-
Dibone, ne-Hatarote, ne-Harohere, 35 ne-
Hatarote-shofane, ne-Yahezere, ne-Yoge-
beha, 36 ne-Bete-nimra, ne-Bete-harane,
izixeko ezinqatyisiweyo; *lwaka* nezibaya
zegusha.

37 Lwaye usapo luka-Rubene lwaka



University of Fort Hare
Together in Excellence

i-Heshebone, ne-Elehale, ne-Kiriyatayime,
38 ne-Nebo, ne-Bali-mebone, (ziguqulelwe
igama,) ne-Sibama; lwawabiza ngamaga-
ma *wambi* amagama ezozixeko lwazakayo.
39 Lwasuka usapo luka-Makire, unyana
ka-Manase, lwaya e-Gileyadi, lwayibamba,
lwagqogqa aba-Amori ababekuyo. 40 Wa-
za u-Mosesi wanika i-Gileyadi ku-Makire,
unyana ka-Manase; wada wahlala kuyo.
41 Kanjalo u-Yahire, unyana ka-Manase,
waya wabamba imizi yabo, wayibiza ngo-
kuti yi-Havote-yahire. 42 Waya no-Nobaki
wabamba i-Kenate namagxamesi ayo, wa-
yibiza nge-Nobaki, ngegama lake.

33 EZI zizimfuduko zosapo luka-Sira-
yeli, olube lupuma ezweni le-Jipete,
ngemikosi yalo, ngapantsi kwesandhla
sika-Mosesi no-Arone. 2 Waye u-Mosesi
wabàla izipumo zalo, ngemfuduko zalo,
ngelizwi LIKAYEHOVA: zezi ke imfuduko
zalo, ngezipumo zalo.
3 Lwaye lunduluka e-Ramesese ngen-
nyanga yokuqala, ngoweshumi linesihlanu
umhla wennyanga yokuqala; ngomso
emva kwepasika lwapuma usapo luka-
Sirayeli ngesandhla esipakamileyo, pambi
kwamehlo awo onke ama-Jipete: 4 nxa
ama-Jipete ebenewaba abo abebabetile
UYEHOVA pakati kwawo, bonke abangama-
zibulo: napezu kwotixo bawo wabeyenzile
UYEHOVA imigwebo. 5 Lwaza usapo luka-
Sirayeli lwanduluka e-Ramesese, lwaya
lwati waca e-Sukote. 6 Lwaza lwandu-
luka e-Sukote, lwaya lwati waca e-Etame,
esesipelweni senklango. 7 Lwaza lwa-
nduluka e-Etame, lwajikela e-Pihahirote,
epambi kwe-Bali-tsefone, lwaya lwati waca
pambi kwe-Migidole. 8 Lwaza lwandu-
luka pambi kwe-Pihahirote, lwawela pa-
kati kwolwandhle ukuya enklango, lwa-
hamba ihambo yentsuku 'ntatu enkla-
ngo ye-Etame, lwaya lwati waca e-Mara.
9 Lwaza lwanduluka e-Mara, lwafika e-
Elime: kekaloku kwakuko e-Elime imi-
tombo yamanzi ilishumi linamibini, nemiti
yepalime imashumi asixenxe; lwati waca
apo ke. 10 Lwaza lwanduluka e-Elime,
lwaya lwati waca ngaselwandhle olubomvu.
11 Lwaza lwanduluka elwandhle olubomvu,
lwaya lwati waca enklango ye-Sine.
12 Lwaza lwanduluka enklango ye-Sine,
lwaya lwati waca e-Dofeka. 13 Lwaza
lwanduluka e-Dofeka, lwaya lwati waca
e-Alushe. 14 Lwaza lwanduluka e-Alushe,
lwaya lwati waca e-Refidime; ekwaye
kungeko amanzi kona okuba abantu ba-
sele. 15 Lwaza lwanduluka e-Refidime,
lwaya lwati waca enklango ye-Sinai.
16 Lwaza lwanduluka enklango ye-Si-
nai, lwaya lwati waca e-Kibrote-hatava.
17 Lwaza lwanduluka e-Kibrote-hatava,
lwati waca e-Hatserote. 18 Lwaza lwa-
nduluka e-Hatserote, lwaya lwati waca
e-Ritema. 19 Lwaza lwanduluka e-Rite-
ma, lwaya lwati waca e-Rimone-paretse.
20 Lwaza lwanduluka e-Rimone-paretse,
lwaya lwati waca e-Libena. 21 Lwaza
lwanduluka e-Libena, lwaya lwati waca e-
Resa. 22 Lwaza lwanduluka e-Resa, lwaya
lwati waca e-Kehelata. 23 Lwaza lwa-
nduluka e-Kehelata, lwaya lwati waca
entabeni ye-Shafere. 24 Lwaza lwandu-
luka entabeni ye-Shafere, lwaya lwati
waca e-Harada. 25 Lwaza lwanduluka
e-Harada, lwaya lwati waca e-Makelote.
26 Lwaza lwanduluka e-Makelote, lwaya
lwati waca e-Tahate. 27 Lwaza lwandu-
luka e-Tahate, lwaya lwati waca e-Tara.
28 Lwaza lwanduluka e-Tara, lwaya lwati
waca e-Miteka. 29 Lwaza lwanduluka
e-Miteka, lwaya lwati waca e-Hashemona.
30 Lwaza lwanduluka e-Hashemona, lwaya
lwati waca e-Moserote. 31 Lwaza lwa-
nduluka e-Moserote, lwaya lwati waca
e-Bene-yahakane. 32 Lwaza lwanduluka
e-Bene-yahakane, lwaya lwati waca e-
Hori-gidegadi. 33 Lwaza lwanduluka
e-Hori-gidegadi, lwaya lwati waca e-Yote-
bata. 34 Lwaza lwanduluka e-Yotebata,
lwaya lwati waca e-Habrona. 35 Lwaza
lwanduluka e-Habrona, lwaya lwati waca
e-Hetsiyone-gebere. 36 Lwaza lwandu-
luka e-Hetsiyone-gebere, lwaya lwati
waca enklango ye-Tsine, eyeyase-Kadeshe.
37 Lwaza lwanduluka e-Kadeshe, lwaya
lwati waca entabeni ye-Hore, ngasesipe-
lweni selizwe le-Edome.
38 Wandula u-Arone umperisite we-
nyukela entabeni ye-Hore, ngelizwi LIKA-
YEHOVA, wabuba kona, ngomnyaka wama-
shumi mane emveni kwokupuma kwosapo
luka-Sirayeli elizweni le-Jepete, ngennya-
nga yesihlanu, ngowokuqala *umhla* wen-
nyanga. 39 Waye u-Arone eyiminyaka
ilikulu linamashumi mabini anamitatu
ubudala bake, akububa entabeni ye-
Hore.
40 Kwaye kuvakala kum-Kanane, ku-
kumkani we-Haradi, obehlala esuyide,



University of Fort Hare

ezweni le-Kanane, ngokuza kwosapo luka-
Sirayeli.
41 Lwaza lwanduluka entabeni ye-
Hore, lwaya lwati waca e-Tsalimona.
42 Lwaza lwanduluka e-Tsalimona, lwaya
lwati waca e-Fumone. 43 Lwaza lwa-
nduluka e-Fumone, lwaya lwati waca
e-Obote. 44 Lwaza lwanduluka e-Obote,
lwaya lwati waca e-Hiyi-habarime, emdeni
wase-Mowabi. 45 Lwaza lwanduluka e-
Hiyi-*habarime*, lwaya lwati waca e-Dibone-
gadi. 46 Lwaza lwanduluka e-Dibone-
gadi, lwaya lwati waca e-Halimone-dibe-
latayime. 47 Lwaza lwanduluka e-Hali-
mone-dibelatayime, lwaya lwati waca ezin-
tabeni ze-Habarime, pambi kwe-Nebo.
48 Lwaza lwanduluka ezintabeni ze-Haba-
rime, lwaya lwati waca ematafeni ase-
Mowabi, ngase-Yoredane, *malungana* ne-
Jeriko. 49 Lwati waca ngase-Yoredane
*apo*, kwa se-Bete-yeshimote kwada kwase-
Abele-shitime, ematafeni ase-Mowabi.

50 WAYE UYEHOVA wateta ku-Mosesi,
ematafeni ase-Mowabi, ngase-Yoredane,
*malungana* ne-Jeriko, esiti: 51 Teta no-
sapo luka-Sirayeli, uti kulo: Xeshekweni
niweleyo i-Yoredane ukuya ezweni le-
Kanane, 52 niya kwandula nigqogqe
bonke abemi belizwe pambi kwenu, ni-
tshabalalise yonke imifanekiso yabo ebà-
liweyo; kanjalo zonke izifanekiso zabo
ezityityishiweyo nozitshabalalisa, nazo
zonke indawo zabo ezipakamileyo nozicita-
kalisa: 53 naniya kubamba ilizwe, nize
nihlale kulo: ngokuba ndinipile elozwe
ukuba nilifuye. 54 Naniya kwamkela
ilizwe libe lilifa ngeqashiso, ngezizalwane
zenu: abo baninzi niya kubandisela ilifa
labo, nabo bancinane niya kubancipisela
ilifa labo; indawo apo kubapumela kona
iqashiso, yoba yeyabo abanye ngabanye;
ngezizwe zoyihlo benu niya kulamkela
ilifa. 55 Kanti ukuba aniyi kubagqogqa
abemi belizwe pambi kwenu, kuya kwa-
ndula ukuti, abo nibasalisa kubo boba
ngameva emehlweni enu, nezihlaba ema-
caleni enu; babeya kunipata ngobutshaba
pezu kwomhlaba enihlala kuwo. 56 Kwoti
kanjako, njengokuba bendicinga ukwenza
kubo, ndiya kwenza kuni.

34 WALEKELA wateta UYEHOVA ku-
Mosesi, esiti: 2 Yalela usapo luka-
Sirayeli, uti kulo: Xeshekweni ningenayo
elizweni le-Kanane: (eli lilizwe eliya
kuwa kuni libe lilifa, ilizwe le-Kanane
kunye nemida yalo:)
3 Elasesuyide icala lenu loba senklango
ye-Tsine, ngasemacaleni ase-Edome; kanja-
lo owasesuyide umda wenu woba sesipe-
lweni solwandhle olutyuwa ngasempuma-
langa: 4 waye lomda wenu uya kujika
*apo* esuyide uye eqineni lase-Hakerabime,
udhlulele ngase-Tsine; nokupuma kwawo
kwoba sesuyide kude kube se-Kadeshe-
baneha; wauya kupumela e-Hatsare-aradi,
udhlulele ngase-Hatsemone; 5 wandule
ujike umda lowo e-Hatsemone uye emla-
njeni wase-Jipete; nokupela kwawo kwoba
selwandhle.
6 Nomda wasentshonalanga, noba no-
lwandhle olukulu, nomda *wakona:* nguwo
lo oya kuba ngumda wenu wasentshona-
langa.
7 Kanjalo nguwo lo oya kuba ngumda
wenu wasenode: *niqala* elwandhle olukulu
niya kuzibalulela intaba ye-Hore; 8 *nita-
bata* entabeni ye-Hore niya kubalula kude
kungenwe e-Hamati; nokupumela kwa-
lomda kwoba ngase-Tsedade; 9 kwandule
kupume lomda uye e-Ziperone; nokupela
kwawo kwoba e-Hatsare-henani: nguwo
lo oya kuba ngumda wenu wasenode.
10 Naniya kuzibalulela umda wasempu-
malanga *uqale* e-Hatsare-henani uye e-She-
fame; 11 waye umda lowo uya kuhla e-
Shefame uye e-Ribela, ngasempumalanga
ye-Hayine; uya kuhla kanjalo lomda,
ufikele ecaleni lolwandhle lwase-Kinereto
ngasempumalanga; 12 wobuya uhle lomda
uye ngase-Yoredane; nokupela kwawo
kwoba selwandhle olutyuwa.
Eli loba lilizwe lenu kunye nemida
yalo engqongayo.
13 Waza u-Mosesi wayalela usapo luka-
Sirayeli, esiti: Leli ilizwe eniya kwa-
mkela lona libe lilifa ngeqashiso, owaxela
UYEHOVA ukuba linikwe kuzo izizwe ezili-
toba nesiqingata sesizwe: 14 ngokuba
isizwe sosapo luka-Rubene, ngendhlu zo-
yise zalo, nesizwe sosapo luka-Gadi, ngen-
dhlu zoyise zalo, sezamkele zona; kanjalo
isiqingata sesizwe sika-Manase sesamkele
ilifa laso: 15 izizwe ezibini nesiqingata
sesizwe zamkele ilifa lazo nganeno kwe-
Yoredane apa, *malungana* ne-Jeriko ngapa-
mbili, ngasekupumeni kwelanga.
16 Wabuya wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 17 Ngawo la amagama awo amadoda



University of Fort Hare
Together in Excellence

aya kwabela kuni ilizwe: ngu-Elezari
umperisite, no-Yoshuwa unyana ka-Nune.
18 Naniya kutabata inkosi ibe 'nnye nge-
sizwe ngesizwe, kuze kwabiwe ilizwe.
19 Namagama alamadoda ngawo la: eye-
sizwe sika-Juda, ngu-Kalebi unyana ka-
Jefune; 20 neyesizwe sosapo luka-Simone,
ngu-Shemuweli unyana ka-Hamihude;
21 neyesizwe sika-Benjamine, ngu-Elidade
unyana ka-Kiselone; 22 neyesizwe sosapo
luka-Dane, yinkosi u-Buki, unyana ka-
Yogeli; 23 eyosapo luka-Josefe,—eyesizwe
sosapo luka-Manase, yinkosi u-Haniyeli,
unyana ka-Efode; 24 neyesizwe sosapo
luka-Frayime, yinkosi u-Kemuweli, unya-
na ka-Shifetane; 25 neyesizwe sosapo
luka-Zebulone, yinkosi u-Elitsafane, unya-
na ka-Panaki; 26 neyesizwe sosapo luka-
Yisakare, yinkosi u-Palatiyeli, unyana ka-
Hazane; 27 neyesizwe sosapo luka-Ashere,
yinkosi u-Ahihude, unyana ka-Shelomi;
28 neyesizwe sosapo luka-Nefatali, yinkosi
u-Pedaheli, unyana ka-Hamihude.
29 Ngaba abo UYEHOVA wabayalela
ukuba babele usapo luka-Sirayeli ilifa,
elizweni le-Kanane.

35 WAZA UYEHOVA wateta ku-Mosesi
ematafeni ase-Mowabi, ngase-Yoreda-
ne, *malungana* ne-Jeriko, esiti: 2 Yalela
usapo luka-Sirayeli, ukuba lubanike aba-
Levi, kulo ilifa lemfuyo yalo, izixeko
zokuhlala; nobanika aba-Levi nennqele
ezixekweni ezizingqongayo. 3 Boba nezi-
xeko ezo ukuba bahlale *kuzo;* nennqele
zazo zoba zezenkomo zabo, nezempahla
yabo, nezazo zonke izilo zabo. 4 Kanjalo
innqele zezixeko, eniya kuzinika kuba-
Levi, *zoqala* eludongeni lwesixeko *ziye* na-
ngapandhle kude kube liwaka lekubite
ngento engqongayo. 5 Naniya kulinga-
nisa ngapandhle kwesixeko, ngecala lasem-
pumalanga ikubite ezingamawaka mabini,
nangecala lasesuyide ikubite ezingamawaka
mabini, nangecala lasentshonalanga ikubite
ezingamawaka mabini, nangecala lasenode
ikubite ezingamawaka mabini, isixeko sipa
kati nje: zoba njalo kubo innqele zezixeko.
6 Napakati kwezixeko eniya kuzinika ku-
ba-Levi *kwobako* izixeko zesipepelo ezita-
ndatu, eniya kuzinika ukuba kusabele kona
umbulali; napezu kwazo *ezi* niya kunika
izixeko ezingamashumi mane enazibini.
7 Zonke izixeko eniya kuzinika kuba-Levi
zoba zizixeko ezingamashumi mane anesi-
bozo; kwa zona nennqele zazo. 8 Nezixe-
ko eniya kuzinika zivela kwimfuyo yosapo
luka-Sirayeli, abo banezininzi niya kuta-
bata kubo ezininzi, nabo banezincinane
niya kutabata kubo ezincinane; abanye
ngabanye, ngokwelifa labo balidhlayo, bo-
nika ezixekweni zabo kuba-Levi.

9 Walekela wateta UYEHOVA ku-Mosesi,
esiti: 10 Teta nosapo luka-Sirayeli, uti
kulo: Xeshekweni niweleyo i-Yoredane
ukuya elizweni le-Kanane; 11 niya kwa-
ndula nizidalele izixeko ezifanelekileyo,
*eziya* kuba zizixeko zesipepelo kuni, ukuba
kusabele kona umbulali, lowo obuleleyo
umntu ngesiposo. 12 Zoba zizixeko zesi-
pepelo kuni ngennxa yompindezeli; ukuze
umbulali angafi, engekemi ebusweni ben-
klanganiso ekugwebeni. 13 Nezixeko
ezo eniya kuzinika, zizixeko zesipepelo e-
zitandatu niya kuba nazo. 14 Izixeko
zitatu niya kuzinika nganeno kwe-Yore-
dane, nezixeko zitatu niya kuzinika ezweni
le-Kanane, eziya kuba zizixeko zesipepelo.
15 Ezizixeko zitandatu zoba yindawo yo-
kupepela, kwa kulo usapo luka-Sirayeli,
nakuye owasemzini nakuye oliranuka pa-
kati kwalo; ukuze kusabele kona osukuba
ebulele umntu ngesiposo.

16 Kodwa ukuba umbetile ngento yesi-
ncete, wada wabuba, ungumbulali yena;
uya kufiswa ngennyaniso lombulali. 17 No-
kuba umbetile ngokuposa ilitye, abenga-
fayo ngalo, wada wabuba, ungumbulali
yena; uya kufiswa ngennyaniso lombulali.
18 Nokuba umbetile ngempahla yomti
epetwe ngesandhla, abengafayo ngayo, wa-
da wabuba, ungumbulali yena; uya ku-
fiswa ngennyaniso lombulali. 19 Umpi-
ndezeli wegazi nguye oya kufisa umbulali:
akufumanana naye, uya kumfisa. 20 Uku-
ba kanjalo umsunduzile ngotiyo, umhla-
umbi umjulele ngabomi, wada wabuba;
21 umhlaumbi umbetile ngesandhla ngobu-
tshaba, wada wabuba; uya kufiswa ngen-
nyaniso umbeti lowo; ungumbulali yena:
umpindezeli wegazi uya kumfisa lombulali,
akufumanana naye.

22 Kodwa ukuba umsunduzile ngebaqo
kungeko 'butshaba, umhlaumbi umjulele
ngennye impahla engenzi ngabomi, 23
umhlaumbi ngelinye ilitye, abengafayo
ngalo, engamboninga, waliwisa pezu
kwake, wada wabuba, engabanga lutshaba
kuye, engafunanga ukwenzakala kwake
kanjako; 24 yoti inklanganiso igwebo



University of Fort Hare

pakati kwombulali lowo nompindezeli
wegazi, njengezigwebo ezi. 25 Yaye inkla-
nganiso iya kuhlangula umbulali esandhle-
ni sompindezeli wegazi; kanjalo inklanga-
niso iya kumbuyisela esixekweni sesipepelo
sake, apo abesabele kona; waeya kuhlala
kuso kude kufe umperisite omkulu, lowo
otanjisiweyo ngeoli eyingcwele.
26 Kodwa ukuba umbulali lowo woka
apume ngapandhle kwomda wesixeko sesi-
pepelo sake, apo abesabele kona; 27 ati
umpindezeli wegazi amfumane pandhle
kwomda wesixeko sesipepelo sake; ukuba
umpindezeli wegazi uya kumbulala umbu-
lali lowo, akuyi kubako kuye ityala legazi:
28 ngokuba ange ehleli esixekweni sesipe-
pelo sake, kwada kwafa umperisite omkulu.
Kodwa emveni kwokufa kwomperisite
omkulu umbulali angabuyela elizweni lem-
fuyo yake.
29 Ezi*zinto* ke zoba ngummiselwa wesi-
ko kuni, ngezizukulwana zenu, kuzo zonke
inklalo zenu.
30 Osukuba ebulala umntu, umbulali
lowo uya kufiswa ngomlomo wamanqìna;
kodwa inqìna linye aliyi kunqìna ngasem-
ntwini, ukuba afe *ngalo*. 31 Aniyi kwa-
mkela isizi ngemnxa yobomi bombulali,
onetyala lokufa; koko aya kufiswa ngennyá-
niso. 32 Aniyi kwamkela isizi ngemnxa
yalowo wesabeleyo esixekweni sesipepelo
sake, sokuba abuye ukuya kuhlala elizweni,
engekafi umperisite *omkulu*. 33 Kwa njalo
aniyi kudyoba ilizwe enikulo: ngokuba
ligazi elidyoba ilizwe; kanjako akungexo-
liselwe ilizwe ngemnxa yegazi elipaleleyo
kulo, kupela ngegazi lalowo owalipalazayo.
34 Ize ninganeolisi ilizwe eniya kuma
kulo, endiya kuhlala mina pakati kwalo:
ngokuba mina 'YEHOVA ndihleli pakati
kwosapo luka-Sirayeli.

36 KWAZA kwasondela inkloko *zendhlu*
zoyise zesizalwane sosapo luka-Gileya-
di, unyana ka-Makire, unyana ka-Manase,
kuzo izizalwane zosapo luka-Josefe, zateta
ebusweni buka-Mosesi, nasebusweni benko-
si, inkloko *zendhlu* zoyise zosapo luka-
Sirayeli, 2 zati: UYEHOVA uyalele inkosi
yami, ukuba makunikwe ilizwe libe lilifa
ngeqashiso elusatsheni luka-Sirayeli; ka-
njalo inkosi yami ibiyalelwa NGUYEHOVA,
ukuba makunikwe ilifa lika-Tselofehadi
umzalwana wetu ezintombini zake. 3 Ke-
kaloku zakuba ngabafazi kowonyana be-
*zinye* izizwe zosapo luka-Sirayeli, ilifa lazo
liya kususwa elifeni lobawo betu, longezo-
lelwe elifeni lesosizwe eziya kuba pakati
kwaso; kuze kususwe ke kwisabiwo selifa
letu. 4 Naxeshekweni kuya kubako *umnya-
ka* womgcobo elusatsheni luka-Sirayeli, ilifa
lazo liya kwongezelelwa elifeni lesosizwe
eziya kuba pakati kwaso; kuze kususwe
ke ilifa lazo elifeni lesizwe sobawo betu.
5 Waza u-Mosesi wayalela usapo luka-
Sirayeli, ngelizwi LIKAYEHOVA, esiti: Isi-
zwe sosapo luka-Josefe silungisile ukuteta.
6 Lilo eli ilizwi aliyaleleyo UYEHOVA ngazo
intombi zika-Tselofehadi, lokuti: Mazibe
ngabafazi kwabalungileyo emehlweni azo;
kupela esizalwaneni sesizwe soyise wazo zi-
ya kuba ngabafazi. 7 Kwa njalo aliyi kujiki-
swa ilifa losapo luka-Sirayeli kwisizwe nge-
sizwe: ngokuba usapo luka-Sirayeli olunye
ngolunye luya kunamatela elifeni lesizwe
soyise balo. 8 Kanjalo intombi esukuba
ilidhla ilifa, kuzo izizwe zosapo luka-Sira-
yeli, yoba ngumfazi kowesizalwane sesizwe
soyise bayo, ukuze ke usapo luka-Sirayeli
olunye ngolunye lulidhle ilifa loyise balo.
9 Kwa njalo ilifa aliyi kujikiswa kwesinye
isizwe ukuya kwesinye: ngokuba izizwe
zosapo luka-Sirayeli ezinye ngezinye ziya
kunamatela kwawazo amafa.
10 Njengokuba UYEHOVA wabemyalela
u-Mosesi, zenje njalo ke intombi zika-
Tselofehadi: 11 ngokuba u-Mahala, no-
Tiretsa, no-Hogela, no-Mileka, no-Noha,
intombi zika-Tselofehadi, baba ngabafazi
konyana boyisekazi babo: 12 pakati kwe-
zizalwane zosapo luka-Manase, unyana ka-
Josefe, baba ngabafazi; kwaza kwahlala
ilifa labo esizweni sesizalwane soyise.
13 Yiyo le imiyalelo nemigwebo, owati
UYEHOVA wayiyalezela ngesandhla sika-
Mosesi elusatsheni luka-Sirayeli, ematafeni
ase-Mowabi, ngase-Yoredane, *malungana*
ne-Jeriko.


University of Fort Hare
Together in Excellence

# EYESIHLANU INNCWADI KAMOSESI,

### E-KUTIWA

# YIDUTERONOMI.

### ISAHLUKO I.

NGAWO la amazwi abewateta u-Mosesi kubo bonke o-Sirayeli, nganeno kwe-Yoredane, enklango, etafeni malungana ne-Sufe, pakati kwe-Parane, ne-Tofeli, ne-Labane, ne-Hatserote, ne-Dizahabi. 2 (*Yihambo* yemihla elishumi linesinye *kusuka* e-Horebe *ukuya* ngendhlela yentaba ye-Sehire e-Kadeshe-baneha.) 3 Kwaye kute ngomnyaka wamashumi mane, ngennyanga yeshumi linesinye, ngowokuqala *umhla* wennyanga, wateta u-Mosesi elusatsheni luka-Sirayeli, njengako konke abemyalezela kona UYEHOVA kulo: 4 emvenikweni wabebulele u-Sihone ukumkani waba-Amori, owahlala e-Heshebone, no-Hogi ukumkani we-Bashane, owahlala e-Hashetarote *nase*-Edrehi. 5 Nganeno kwe-Yoredane, ezweni le-Mowabi, waqala u-Mosesi ukushumayela lomteto, esiti:

6 UYEHOVA, UTIXO wetu, wateta kuti e-Horebe, esiti: Kwanele ukuhlala kwenu kulentaba: 7 jikani, nihambe ke, niye entabeni yaba-Amori, nakubo bonke abamelwane babo, etafeni, ezintabeni, ezihlanjeni, nasesuyide, naselunxwemeni lwolwandhle; ezweni laba-Kanane, nase-Lebanone, kude kube ngumlambo omkulu, umlambo ongum-Ferate. 8 Bona ke, ndilibekile pambi kwenu ilizwe elo: ngenani nifuye ilizwe owabefunga ngalo UYEHOVA koyihlo benu, u-Abrahame, u-Yisake, no-Yakobi, ukuba uya kulinika kubo, nakwinzalo yabo emva kwabo.

9 Ndaye ndibe nditeta kuni ngeloxesha, ndisiti: Ndikohliwe ndindedwa kukunitwala: 10 UYEHOVA, UTIXO wenu, unenze 'baninzi; kekaloku, nanku namhla nje ninjengenkwenkwezi zezulu ngobuninzi. 11 (Wanga UYEHOVA, UTIXO woyihlo benu, unganandisa ngokuliwaka pezu kwokuba njalo kwenu, anitamsanqele, njengokuba etshilo kuni!) 12 Ndingati nina ukutwala ndedwa indiniso yenu, nomtwalo wenu, nempikiswano yenu? 13 Kupani amadoda alumkileyo, anokuqonda, anokwazeka ezizweni zenu, ndize ndiwamise abe zinkloko zenu. 14 Naye nindipendula, nati: Ilungile lonto uyitetileyo, ukuba yenziwe. 15 Ndaza ndatabata inkloko zezizwe zenu, amadoda alumkileyo, anokwazeka, ndawenza inkloko pezu kwenu, inkosi zamawaka, nenkosi zamakulu, nenkosi zamashumi mahlanu, nenkosi zamashumi manye, namagosa pakati kwezizwe zenu. 16 Ndaye ndiyalela abagwebi benu ngeloxesha, ndisiti: Pulapulani *amatyala akoyo* pakati kwabazalwana benu, nilungise ukugweba pakati kwomntu nomzalwana wake, nowasemzini onaye. 17 Aniyi kugqalisela ubuso ekugwebeni; niya kupulapula abancinane njengokuba *nipulapula* abakulu; aniyi kwoyika ubuso bomntu; ngokuba umgwebo ungokaTIXO: nendawo eninqabelayo, yisondezeni kumi, ndandiya kuyipulapula. 18 Kanjalo ndabendiyalela nina ngeloxesha zonke izinto eninge nizenza.

19 Sati sakunduluka e-Horebe, sandula sacanda kuyo yonke leyonklango inkulu neyoyikekayo, enaniyibona endhleleni yentaba yaba-Amori, njengokuba ebesiyalele UYEHOVA, UTIXO wetu; sada safika e-Kadeshe-baneha. 20 Ndaza ndati kuni: Nifikile entabeni yaba-Amori, esiyipiwayo NGUYEHOVA, UTIXO wetu. 21 Kangela ke, UYEHOVA, UTIXO wako, ubekile elozwe pambi kwako; nyuka, libambe, njengokuba UYEHOVA, UTIXO woyihlo bako, etshilo kuwe; ungoyiki, ungatuswa nokutuswa.

22 Naza nasondela kumi nonke, nati: Siya kususa amadoda aye pambi kwetu, aya kusipandela ilizwe, asibuyisele ilizwi ngendhlela esiya kunyuka ngayo, nangezixeko esiya kufika kuzo. 23 Kekaloku leyonto ibilungile emehlweni ami; ndaza ndacapula kuni amadoda alishumi linamabini, indoda 'nnye ngesizwe ngesizwe: 24 ajika ke, enyukela ngasentabeni, aza



University of Fort Hare

kufika entilini ye-Shekole, ayihlola ke.
25 Ati kanjalo atabata kwisiqamo selizwe
ezandhleni zawo, asihlisela kuti, asibuyi-
sela ilizwi, ati: Lilungile elozwe asipayo
UYEHOVA, UTIXO wetu.
26 Noko naningavumi ukunyuka, kodwa
nalivukela ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO wenu.
27 Naye nibe niseya ezintenteni zenu,
nati: Ngokuba UYEHOVA esitiyile, usipu-
misile elizweni le-Jipete, ukuba asinikele
ezandhleni zaba-Amori, ukusitshabalalisa.
28 Sesiya kunyuka ukuya pina? abaza-
lwana betu banyibilikisile inkliziyo zetu,
besiti: Abantu ngabakulu nabade kuti;
izixeko zezikulu nezinqatyiselweyo kwada
kwasezulwini; kanjako nosapo lwama-
Hanaki sasilubona apo.
29 Ndaza ndati kuni: Ningankwantyi,
ningaboyiki nokuboyika. 30 UYEHOVA,
UTIXO wenu, ohambayo pambi kwenu,
nguye oya kunilwela; njengako konke
wanenzelayo e-Jipete pambi kwamehlo
enu, 31 nasenklango, apo nibonileyo oko-
kuba UYEHOVA, UTIXO wenu, unitwele, nje-
ngokuba umntu etwala unyana wake, kuyo
yonke indhlela benihamba ngayo, nada
nafika kulendawo.
32 Kodwa nangalento beningakolwa
NGUYEHOVA, UTIXO wenu, 33 obehamba pa-
mbi kwenu endhleleni, ukuya kunihlolela
indawo yokuti waca kwenu, ngomlilo ebu-
suku, ukuba anibonise indhlela eniya ku-
hamba ngayo, nangelifu emini.
34 Wati UYEHOVA akuva ilizwi lamazwi
enu, waqumba kunene, wafunga, esiti:
35 Ngenyaniso akuyi kubako nannye
kulamadoda esisizukulwana sikohlakeleyo,
eya kubona elolizwe lilungileyo, endandi-
funga ngalo ukuba ndiya kulinika koyihlo
benu, 36 ngapandhle kwo-Kalebi, unyana
ka-Jefune! yena wolibona, nakuye ndowu-
nika umhlaba abenyatela pezu kwawo, na-
kubo abantwana bake, ngenxa yokuba
ekolisile ukulandela UYEHOVA. 37 Kanjalo
nami wandiqumbela UYEHOVA ngenxa ye-
nu, esiti: Nawe akuyi kungena kona:
38 u-Yoshuwa, unyana ka-Nune, omiyo
ebusweni bako, yena uya kungena kona;
lowo momeleze ke: ngokuba eya kuba-
mkelisa o-Sirayeli ilifa lalo. 39 Nentsapo
zenu, enanisiti: Zoba lixoba; nabantwana
benu, abangakwaziyo namhla okulungileyo
nokukohlakeleyo, aba baya kungena kona,
nakubo bona ndiya kulinika, baye bona
beya kulifuya. 40 Kodwa nina, jikani,
nihambele ngasenklango, ngendhlela yase-
lwandhle olubomvu.
41 Naza napendula nati kumi: Sonile
ngakuye UYEHOVA tina; sesiya kunyuka
silwe, njengako konke asiyaleleyo UYEHOVA,
UTIXO wetu. Xeshekweni nise nibinqile
abanye ngabanye ngempahla zabo zokulwa,
ninxamile nje ukunyukela entabeni, 42
wandula wati UYEHOVA kumi: Yiti kubo:
Ningenyuki, ningalwi kanjako, ngokuba
ndingeko mina pakati kwenu; ukuze ni-
ngoyiswa pambi kwentshaba zenu. 43 Ko-
ko ndakuteta kuni, nibe ningapulapuli;
kodwa navukelana nelizwi LIKAYEHOVA,
nenza ngeratshi, nenyukela entabeni.
44 Bandul' ukupumela ngakuni aba-Amori,
abebehlala kulontaba, banisukela, njengo-
kuba zisenje njalo innyosi, banicitela e-
Sehire, *na*kude kwase-Horema. 45 Nada
nabuya ke, nalila pambi KWOYEHOVA; kanti
UYEHOVA akapulapula ilizwi lenu, akanibe-
kela indhlebe kanjako. 46 Kwa njalo
nibe nihlala e-Kadeshe imihla yamininzi,
njengemihla enibe nihlala ngayo.

2 SANDULA sajika ke, sahambela nga-
senklango ngendhlela yaselwandhle o-
lubomvu, njengokuba UYEHOVA ebetetile
kumi; saye sizekelela intaba ye-Sehire
imihla yamininzi. 2 Waza watsho UYEHOVA
kumi, esiti: 3 Kwanele ukuzekelela kwe-
nu intaba le; jikelani ngasenode. 4 Na-
babantu ubayalele ngokuti: Niza kucanda
emdeni wabazalwana benu, wosapo luka-
Esau, oluhleliyo e-Sehire; oluya kunoyika
ke: zilumkeleni kunene ngoko; 5 nize
ningalwi nalo; ngokuba ndingayi kunika
kuni kwilizwe lalo, kwa nokunyatelwa
kwomzantsi wonyawo: ngokuba ndimpile
u-Esau intaba ye-Sehire ibe yimfuyo.
6 Ukudhla niya kukutenga kulo ngemali,
ukuze nitye; namanzi kanjalo niya kuwa-
tenga kulo ngemali, ukuze nisele. 7 Ngo-
kuba UYEHOVA, UTIXO wako, ekutamsanqele
kuyo yonke imisebenzi yesandhla sako:
uyakwazi yena ukuhamba kwako kulenkla-
ngo enkulu; leminyaka imashumi mane
UYEHOVA, UTIXO wako, unawe; akuswela-
nga 'luto.
8 Sati sakugqita kubazalwana betu usa-
po luka-Esau, olube luhleli e-Sehire, ngen-
dhlela yasetafeni, nge-Elate, nange-He-
tsiyone-gebere, sajika ke, sadhlula ngen-
dhlela yenklango yase-Mowabi. 9 Waza
UYEHOVA wati kumi: Ungapati ama-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Mowabi ngobutshaba, ungalwi nawo emfa-
zweni kanjako: ngokuba ndingayi kunika
kuwe kwilizwe lawo imfuyo; ngokuba
ndilupile usapo luka-Lote i-Hari ibe yim-
fuyo: 10 (Ama-Eyime ahlala kuyo ngo-
kwapambili, abantu abakulu, abaninzi,
abade, njengama-Hanaki; 11 abebalwa
ngokuba ngama-Rafa nawo, njengama-
Hanaki; kanti ama-Mowabi awabiza ngo-
kuti ngama-Eyime. 12 Kwaye kuhlala
nama-Hori e-Sehire ngokwapambili; ko-
dwa usapo luka-Esau lwawagqogqa, lwa-
watshabalalisa pambi kwalo, lwaza lwa-
hlala esikundhleni sawo; njengokuba o-
Sirayeli benje njalo nasezweni lemfuyo
yabo, elo babelipiwe NGUYEHOVA.) 13 Su-
kani kaloku, niwele umlanjana we-Zerede.
Saza sawela umlanjana we-Zerede.

14 Kekaloku imihla esibe sihamba nga-
yo *sisuka* e-Kadeshe-baneha, side sawela
umlanjana we-Zerede, yabiyiminyaka e-
mashumi matatu anesibozo; kwada kwa-
gqityelwa sonke isizukulwana samadoda
okulwa pakati kwomkosi, njengokuba
UYEHOVA ewafungele. 15 Ngokuba oku-
nene isandhla SIKAYEHOVA besingakuwo,
ukuba awabubise pakati kwomkosi, ade
agqityelwe.

16 Kwaza kwati, xeshekweni abegqitye-
lwe onke amadoda okulwa ngokufa pakati
kwabantu, 17 wandula wateta UYEHOVA
kumi, esiti: 18 Uya kudhlula namhla nje
ngomda wase-Mowabi, nge-Hari; 19 wa-
uya kusondela pambi kwosapo luka-Hamo-
ni; ungalupati ngobutshaba, ungalwi nalo
kanjako; ngokuba ndingayi kunika kuwe
kwilizwe losapo luka-Hamoni imfuyo:
ngokuba ndilupile usapo luka-Lote lona
libe yimfuyo: 20 (Eli libe libalwa ngoku-
ba lilizwe lama-Rafa nalo; ama-Rafa ebe-
hleli kulo ngokwapambili, kanti aba-Ha-
moni bawabiza ngokuti ngama-Zamzumi;
21 abantu abakulu, abaninzi, abade, nje-
ngama-Hanaki; owati UYEHOVA wawatsha-
balalisa pambi kwabo, bada bawagqogqa,
bahlala esikundhleni sawo; 22 njengokuba
ebesenzela usapo luka-Esau, oluhleliyo e-
Sehire, akutshabalalisa ama-Hori pambi
kwalo, lwada lwawagqogqa, lwahlala esi-
kundhleni sawo kwada kwanamhla nje.
23 Kanjalo ama-Havi abehleli e-Hatserime,
*na*kude kwase-Gaza, wona ama-Kafetori,
abevela e-Kafetori, wawatshabalalisa, wa-
hlala esikundhleni sawo.) 24 Sukani, ni-
hambe ke, niwele umlambo we-Arenone:
bona ke, ndinikile esandhleni sako u-Sihone
um-Amori, ukumkani we-Heshebone, neli-
zwe lake; qala ukubamba, ulwe naye emfa-
zweni. 25 Namhla nje ndiya kuqala uku-
beka ukunkwantywa kwako nokwoyikwa
kwako pezu kwabantu abangapantsi kwa-
lo lonke izulu, abaya kuva indaba ngawe,
bangcangcazele, batutumele ngenxa yako.

26 Ndaza ndasusa izigidimi enkangweni
yase-Kedemote ukuya ku-Sihone, ukumkani
we-Heshebone, zinamazwi oxolo, ukuti:
27 Mandicande elizweni lako; ndiya ku-
hamba ngendhlela yodwa; andiyi kupa-
mbukela nasekunene nasekohlo. 28 Wo-
nditengisa ukudhla ngemali, ukuba ndi-
tye; wondinika namanzi ngemali, ukuba
ndisele; kupela ndiya kucanda ngenyawo
zami; 29 (njengokuba lwendenzela usapo
luka-Esau, oluhleliyo e-Sehire, nama-Mo-
wabi ahleliyo e-Hari;) ndide ndiwele
i-Yoredane ukuya ezweni asipayo UYEHOVA,
UTIXO wetu. 30 Kodwa ebengavumi u-
Sihone, ukumkani we-Heshebone, ukuba
sidhlule kuye: ngokuba UYEHOVA, UTIXO
wako, wenza lukuni umoya wake, nen-
kliziyo yake wayigwenxisa, ukuze amni-
kele esandhleni sako, njengokuba *kunjalo*
kwa namhla.

31 Waye UYEHOVA esiti kumi: Bona ke,
sendiqalile ukunika pambi kwako u-Sihone
nelizwe lake; qala ukubamba, ukuba uli-
fuye ilizwe lake. 32 Kwandula kwapu-
mela ngakuti u-Sihone, yena nabo bonke
abantu bake, ukuza kulwa e-Yahetsa.
33 Koko UYEHOVA, UTIXO wetu, wamnika
ebusweni betu; saza sambeta, kwa nonya-
na bake, nabo bonke abantu bake. 34 Saye
sitimba zonke izixeko zake ngeloxesha,
salahlela ekutshatyalalisweni amadoda ezi-
xeko zonke, nabafazi, nentsapo; besinga-
shiya namntu oseleyo: 35 kupela sazipa-
ngela inkomo, namaxoba ezixeko esibe
sizitimbile. 36 Kwa kuyo i-Harohere,
eselunxwemeni lwomlambo we-Arenone,
nesixeko esisentilini, kwada kwase-Gile-
yadi, akwabiko 'nnqili eyasinqabelayo;
zonke UYEHOVA, UTIXO wetu, wazinika
pambi kwetu. 37 Kupela beningasondeli
kulo ilizwe losapo luka-Hamoni, *na*kwen-
nye indawo yasemlanjeni we-Yaboki, na-
sezixekweni zentaba, nakokusukuba ebesi-
yalile ngako UYEHOVA, UTIXO wetu.

3 SANDULA sajika, senyuka ngendhlela
yase-Bashane; waza wapumela ngakuti



University of Fort Hare

u-Hogi, ukumkani we-Bashane, yena nabo
bonke abantu bake, ukuza kulwa e-Edrehi.
2 Waye UYEHOVA esiti kumi: Ungamoyiki;
ngokuba ndiya kunika yena, nabo bonke
abantu bake, nelizwe lake, esandhleni
sako; wauya kwenza kuye, njengokuba
wenzile ku-Sihone, ukumkani waba-Amori,
owahlala e-Heshebone. 3 Kwa njalo UYE-
HOVA, UTIXO wetu, wanika ezandhleni zetu
no-Hogi, ukumkani we-Bashane, nabo
bonke abantu bake; saza sambeta, kwada
akwamshiyelwa namnye oseleyo. 4 Saye
sitimba zonke izixeko zake ngeloxesha;
akwabiko 'nnqili esasingayitimbanga ku-
bo: izixeko ezingamashumi matandatu,
sonke isahlulo se-Ragobi, ubukumkani
buka-Hogi e-Bashane. 5 Zonke ezizixeko
zibe zinqatyisiwe ngendonga ezinde, nga-
masango nangemivalo; ngapandhle kwezi-
xeko ezingenandonga into enninzi kakulu.
6 Ezona sazilahlela ekutshatyalalisweni,
njengokuba sibe senje njalo ku-Sihone,
ukumkani we-Heshebone, silahlela ekutsha-
tyalalisweni amadoda ezixeko zonke, naba-
fazi, nentsapo. 7 Kodwa sazipangela zonke
inkomo nawo *onke* amaxoba ezixeko ezo.
8 Kanjalo ngeloxesha salitabata ilizwe esa-
ndhleni sokumkani baba-Amori bobabini,
elo linganeno kwe-Yoredane, kwa kuwo
umlambo we-Arenone kwada kwasentabeni
ye-Heremone: 9 (ama-Tsidone ayibiza i-
Heremone ngokuti yi-Siriyone, kanti aba-
Amori bayibiza ngokuti yi-Shenire:) 10
zonke izixeko zasetafeni, nayo yonke i-Gi-
leyadi, nayo yonke i-Bashane, kwada kwase-
Saleka nase-Edrehi, izixeko zobukumkani
buka-Hogi e-Bashane. 11 Ngokuba u-Hogi,
ukumkani we-Bashane, ebekupela kwosele-
yo eliveni lama-Rafa; bona ke, ikoye yake
ibiyikoye yesincete; asi yiyo na ese-Raba
yosapo luka-Hamoni? zikubite ezilitoba
ubude bayo, nekubite ezinne ububanzi
bayo, ngekubite yomntu.
12 Nelilizwe esalibamba*yo* ngeloxesha,
kwa kuyo i-Harohere, esemlanjeni we-
Arenone, nesiqingata sentaba ye-Gileyadi,
nezixeko zakuyo, ndalinika kuma-Rubene
nakuma-Gadi. 13 Neliva le-Gileyadi, nayo
yonke i-Bashane, eyobukumkani buka-
Hogi, *elozwe* ndalinika kwisiqingata sesizwe
sika-Manase; sonke isahlulo se-Ragobi,
kunye nayo yonke i-Bashane, e-bekutiwa
lilizwe lama-Rafa. 14 U-Yahire, unyana
ka-Manase, watabata sonke isahlulo se-
Ragobi kwada kwakuwo umda wama-
Geshure nama-Mahaka; wayebiza *ezo*ndawo
ngegama lake, nge-Bashane-havote-yahire,
kwada kwanamhla. 15 No-Makire ndamni-
ka i-Gileyadi. 16 Nakuma-Rubene nakuma-
Gadi ndanika *kutabata* e-Gileyadi kude
kwakuwo umlambo we-Arenone, pakati
kwentili, nomda *wakona;* nakude kwakuwo
umlambo we-Yaboki, umda wosapo luka-
Hamoni; 17 netafa, ne-Yoredane, nomda
*wakona;* kwa kuyo i-Kinerete nakude
kwakulo ulwandhle lwasetafeni, ulwa-
ndhle olutyuwa, ngapantsi kwemifula yase-
Pisega ngasempumalanga. 18 Ndaye ndi-
niyalela ngexesha elo, ndisiti: UYEHOVA,
UTIXO wenu, unipile elilizwe ukuba nili-
fuye: niya kuwela nixòbile pambi kwaba-
zalwana benu usapo luka-Sirayeli, nonke
eningamadoda oburoti; 19 kodwa abafazi
benu, nentsapo zenu, nenkomo zenu, (ndi-
yazi ukuba ninento enninzi yenkomo,) ziya
kuhlala ezixekweni zenu endizinikileyo
kuni; 20 ade UYEHOVA abapumze abaza-
lwana benu, njengokuba *enipumzile* nina,
baze nabo balifuye elozwe UYEHOVA, UTIXO
wenu, ubapile lona pesheya kwe-Yoredane;
nandule nibuye abanye ngabanye ukuza
kwimfuyo zabo, endizinikileyo kuni.
21 No-Yoshuwa bendimyalela ngeloxe-
sha, ndisiti: Amehlo ako akubonile konke
akwenzileyo UYEHOVA, UTIXO wenu, koku-
mkani aba bobabini; uya kwenje njalo
UYEHOVA kubo bonke ubukumkani oya
kudhlula ngakona. 22 Aniyi kuboyika;
ngokuba UYEHOVA, UTIXO wenu, nguye oya
kunilwela.
23 Kanjako ndamtaruzisa UYEHOVA nge-
xesha elo, ndisiti: 24 NKOSI, YEHOVA!
uqalile ukubonisa isicaka sako ubukulu
bako, nesandhla sako esomeleleyo; ngoku-
ba nguwupina utixo ezulwini nasemhlabe-
ni, ongenzayo njengemisebenzi yako, na-
njengezenzo zamandhla zako? 25 Make-
ndiwele, ndiye kubona elolizwe lilungileyo
elipesheya kwe-Yoredane, lontaba enkle,
ne-Lebanone. 26 Kodwa UYEHOVA ebequ-
mbile ngakumi ngennxa yenu, wabenga-
ndipulapuli; koko wabesiti UYEHOVA kumi:
Makukwanele; ungabi sapinda ukuteta
kumi ngalendawo. 27 Nyukela engcopo
ye-Pisega, uze upakamise amehlo ako nga-
sentshonalanga, nangasenode, nangasesu-
yide, nangasempumalanga, ulibone nga-
mehlo ako: ngokuba ungayi kuwela i-
Yoredane le. 28 Kodwa yala u-Yoshuwa,
umomeleze, umkalipise: ngokuba yena eya



University of Fort Hare
Together in Excellence

kuwela pambi kwababantu, abamkelise
ilifa lelozwe uya kulibona.
29 Kwa njalo sahlala esihlanjeni malu-
ngana ne-Bete-pehori.

4 UZE kaloku, Sirayeli! upulapule kwi-
zimiselo nakwizigwebo endinifundisayo
ukuba nizenze; ukuze nipile, niye ningene
nilifuye elozwe ulinika kuni UYEHOVA,
UTIXO woyihlo benu. 2 Aniyi kwopgeza
pezu kwelizwi endiniyalela ngalo, aniyi
kususa kulo kanjalo; ukuze nigcine imiya-
lelo KAYEHOVA, UTIXO wenu, endiniyalela
ngayo. 3 Amehlo enu abonile oko wabe-
kwenza UYEHOVA ngenmxa yo-Bali-pehori:
ngokuba onke lomadoda abelandela u-Bali-
pehori, wona UYEHOVA, UTIXO wako, uwa-
tshabalalisile pakati kwenu. 4 Kanti nina
enibe ninamatela kuye UYEHOVA, UTIXO
wenu, nipilile nonke namhla nje.
5 Kangela, ndinifundisile izimiselo ne-
zigwebo, njengokuba ndiyalelwe NGUYE-
HOVA, UTIXO wami, ukuba nenze ngokunjalo
pakati kwelizwe, apo niya kona ukulifuya.
6 Zigcineni ngoko, nizenze: ngokuba oku
kuya kuba bubulumko benu nengqondo
yenu emehlweni enklanga, eziya kuziva
zonke ezizimiselo, ziti: Ngabantu abalu-
mkileyo nabanengqondo oluhlanga lukulu
kupela! 7 Ngokuba lulupina uhlanga
olukulu olunaye utixo ekufupi kulo, NJE-
NGOYEHOVA, UTIXO wetu, ngako konke esim-
bizelayo? 8 Kanjalo lulupina uhlanga
olukulu olunazo izimiselo nezigwebo ezilu-
ngileyo *kangaka*, njengawo wonke lomteto
endiwubeka pambi kwenu namhla nje?
9 Kodwa zilumkele ke, uwugcine umpe-
fumlo wako kunene, ukuba ungalibali ezo-
zinto amehlo ako azibonileyo, nokuba
zingemki enkliziyweni yako yonke imihla
yokudhla kwako ubomi; uze uzazise kuba-
ntwana bako, nakubantwana babantwana
bako. 10 Umhla obumi ngawo ebusweni
BUKAYEHOVA, UTIXO wako, e-Horebe, akuti
UYEHOVA kumi: Bahlanganiselo kumi aba-
ntu aba, ndandiya kubavisa amazwi ami,
ukuba bafunde ukundoyika yonke imihla
abaya kubudhla ubomi ngayo pezu kwom-
hlaba, nokuba bafundise abantwana babo;
11 naza nasondela nema ngapantsi kwen-
taba leyo; yati ke intaba yatsha ngomlilo
kude kwapakati kwezulu, *kunye* nobumnya-
ma, *n*amafu, nesitokotoko; 12 wandula
wateta UYEHOVA kuni epakati kwomlilo:
ilizwi lamazwi naliva, kanti isimilo nani-
ngasiboni; *neva* ilizwi kwapela. 13 Waza
waxela kuni ucebano lwake, owaniyalelayo
ukuba nilwenze, amazwi alishumi; wawa-
bàla pezu kwamacwecwe amatye amabini.
14 Nami UYEHOVA wandiyalela ngeloxesha,
ukuba ndinifundise izimiselo nezigwebo;
ukuze nizenze kwelozwe eniwelela kona
ukuya kulifuya.
15 Zilumkeleni kunene ngoko: ngokuba
beningasiboni nasinye isimilo ngomhla
wabeteta UYEHOVA kuni e-Horebe epakati
kwomlilo: 16 hleze nizonakalise, nizenzele
into eqingqiweyo, isimilo somnye umfane-
kiso, imfano yendoda umhlaumbi yenkaza-
na, 17 imfano yesinye isilo esisemhlabeni,
imfano yennye intaka enamapiko epapaze-
layo ezulwini, 18 imfano yennye into ena-
mbuzelayo pezu kwomhlaba, imfano yennye
inklanzi esemanzini ngapantsi kwomhlaba:
19 hleze kanjalo upakamise amehlo ako
ngasezulwini, uti, wakubona ilanga, nen-
nyanga, nenkwenkwezi, wonke umkosi
wasezulwini, ukukuliswe ukuba uqubude
kuzo, nokuba uzikonze, *ezonto* UYEHOVA,
UTIXO wako, uzabele kuzo zonke inklanga
ezipantsi kwalo lonke izulu. 20 Kanti
nina unitabatile UYEHOVA, wanikupa kuso
isidhlangalala sesincete, kuyo i-Jipete, u-
kuba nibe ngabantu belifa kuye, njengo-
kuba *kunjalo* namhla nje.
21 Kanjako UYEHOVA wabendiqumbela
ngendawo yenu, wafunga ukuba andiyi
kuwela i-Yoredane, nokuba andiyi kungena
kwelozwe lilungileyo, olipiwayo NGUYE-
HOVA, UTIXO wako, libe lilifa. 22 Ngokuba
ndiya kufa mina kwelilizwe apa, ndingayi
kuwela i-Yoredane; kanti nina niya ku-
wela, nilifuye elolizwe lilungileyo.
23 Zilumkeleni ke, hleze nilibale uce-
bano LUKAYEHOVA, UTIXO wenu, alwenzileyo
nani, nize nizenzele umfanekiso oqingqi-
weyo, imfano yennye into akuyalile ngayo
UYEHOVA, UTIXO wako. 24 Ngokuba UYE-
HOVA, UTIXO wako, engumlilo odhlayo,
ONGUTIXO onekwele.
25 Xeshekweni uya kuzala abantwana,
nabantwana babantwana, nide nihlale kade
elizweni, nandule nizonakalise, nenze um-
fanekiso oqingqiweyo, imfano yennye
into, nenze okubi emehlweni KAYEHOVA,
UTIXO wako, ukumqumbisa; 26 ndiyanqi-
nisa ngakuni namhla nje izulu nomhlaba,
ukuba niya kugqibela ukububa kamsinyane
emhlabeni, eniwelayo i-Yoredane ukuya
kona, ukuba niwufuye; aniyi kwolula



University of Fort Hare

imihla pezu kwawo, koko niya kutshatyalaliswa kanye. 27 Kanjalo UYEHOVA woniti sa pakati kwenklanga; naniya kushiywa nibancinane inani *lenu* pakati kwabaheyideni, apo UYEHOVA aya kuniqùbela kona. 28 Naniya kukonza apo otixo, umsebenzi wezandhla zabantu, imiti namatye, abangaboniyo, abangevayo, abangadhliyo, abangasezeliyo.

29 Kodwa wakufuna kwa kona UYEHOVA, UTIXO wako, uya kwandula ukumfumana, uxa umbuzayo ngayo yonke inkliziyo yako, nangawo wonke umpefumlo wako. 30 Nxa usebunzimeni, na*nxa* zonke ezizinto zikufumene, emihleni yasemva, ukuba uya kubuyela KUYEHOVA, UTIXO wako, upulapule elizwini lake; 31 (ngokuba ENGUTIXO onenceba, UYEHOVA, UTIXO wako;) akasayi kukuyeka, akasayi kukububisa kanjako; nocebano lwoyihlo bako, owabebafungela ngalo, akasayi kululibala.

32 Ngokuba, uke ubuze kwimihla yamatanci, ebiko pambili kuwe, kuselokwalomhla wadalayo UTIXO abantu pezu kwomhlaba, nakwennye inncame yezulu kude kube kwennye inncame yezulu, ukuba kekwabako na okunjengayo into enkulu le, umhlaumbi ukuba kekwaviwa na okufana nayo? 33 Kuko abantu na abake baliva ilizwi LIKATIXO, eteta pakati kwomlilo, njengokuba uvile wena, bapila ke? 34 Umhlaumbi kewalinga na UTIXO ukuya kuzitabatela uhlanga kwa pakati kwohlanga *olunye*, ngezilingelo, ngemiqondiso, nangemimangaliso, nangemfazwe, nangesandhla esomeleleyo, nangengalo eyolulweyo, nangezoyikiso ezikulu, njengako konke abekwenzela nina UYEHOVA, UTIXO wenu, e-Jipete pambi kwamehlo enu? 35 Kwabonakaliswa kuwe ke, ukuze ukwazi okokuba UYEHOVA unguye UTIXO; akuko namnye ngapandhle kwake. 36 Kwa sezulwini wakuvisa ilizwi lake, ukuze akululeke; napezu kwomhlaba wakubonisa umlilo wake omkulu; namazwi ake waweva epakati kwomlilo. 37 Nangennxa yokuba ebetanda oyihlo bako, kukona waqashayo inzalo yabo emva kwabo, wakupumisa e-Jipete pantsi kwobuso bake ngamandhla ake amakulu; 38 ukuya kugqogqa inklanga ezizezinkulu nezinamandhla ngapezu kwako ebusweni bako, ukuba akungenise, akupe ilizwe lazo libe lilifa, njengokuba *kunjalo* namhla nje.

39 Yazi ke ngoko namhla nje, ukumbule enkliziyweni yako, ukuba UYEHOVA unguye UTIXO, ezulwini pezulu, nasemhlabeni ngapantsi; akuko wumbi. 40 Ngako uya kugcina imimiselo yake, nemiyalelo yake, endikuyalelayo namhla nje, ukuba kulunge kuwe nakubantwana bako emva kwako, nokuba wolule imihla pezu kwomhlaba, owupiwayo NGUYEHOVA, UTIXO wako, kude kube ngunapakade.

41 WANDULA wahlula u-Mosesi izixeko ezitatu, nganeno kwe-Yoredane ngasekupumeni kwelanga; 42 ukuba kusabele kona umbulali, obulalayo ummelwane wake engazi ke, kwa lowo angamtiyanga ngexesha lapambili; ukuze ati, esabela kwesinye sezixeko ezi, andule apile: 43 i-Betsere esenklango, ezweni elibutafa, ibe sesama-Rubene; ne-Ramote ese-Gileyadi, ibe sesama-Gadi; ne-Golane ese-Bashane, ibe sesama-Manase.

44 KEKALOKU nguwo lo umteto owawubeka u-Mosesi pambi kwosapo luka-Sirayeli: 45 zizo ezi izinqìnelo, nezimiselo, nezigwebo, owabeziteta u-Mosesi elusatsheni luka-Sirayeli, lwakuba lupumile e-Jipete, 46 nganeno kwe-Yoredane, esihlanjeni malungana ne-Bete-pehori, ezweni lika-Sihone ukumkani waba-Amori, owahlala e-Heshebone, lowo owabetwayo ngu-Mosesi nosapo luka-Sirayeli, lwakuba lupumile e-Jipete: 47 olwabamba ilizwe lake nelizwe lika-Hogi ukumkani we-Bashane, okumkani ababini baba-Amori, abebenganeno kwe-Yoredane ngasekupumeni kwelanga; 48 kwa kuyo i-Harohere, eselunxwemeni lwomlambo we-Arenone, kude kwasentabeni ye-Siyone, ekwa yiyo i-Heremone; 49 nalo lonke itafa nganeno kwe-Yoredane ngasempumalanga, nakude kwaselwandhle lwasetafeni, ngapantsi kwemifula yase-Pisega.

5 Waza u-Mosesi wabiza o-Sirayeli bonke, wati kubo: Yivani, bo-Sirayeli! izimiselo nezigwebo endizitetayo ezindhlebeni zenu namhla, ukuba nizifunde, nilumkele ukuzenza. 2 UYEHOVA, UTIXO wetu, walwenza nati ucebano e-Horebe. 3 Akalwenzanga nobawo betu ucebano olu; koko *walwenza* nati, tina esilapa namhla sonke sihleli. 4 Ubuso ngobuso wayeteta UYEHOVA nani entabeni pakati kwomlilo, 5 (ndoma mina pakati KWOYEHOVA nani



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngeloxesha, ukuba ndishumayele kuni ili-
zwi LIKAYEHOVA; ngokuba nibe nisoyika
ngennxa yomlilo, ningenyukelanga ke ku-
lontaba;) esiti:
6 Mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wako, oku-
kupileyo elizweni le-Jipete, endhlwini yo-
bukoboka. 7 Akuyi kuba nabo otixo bambi
ngapandhle kwami.
8 Akuyi kuzenzela umfanekiso oqingqi-
weyo, *n*annye into efana nesezulwini pe-
zulu, nesemhlabeni pantsi *apa*, nesemanzi-
ni pantsi kwomhlaba: 9 akuyi kutoba
pambi kwazo; akuyi kuzikonza kanjalo:
ngokuba mina 'YEHOVA, UTIXO wako, ndi-
NGUTIXO onekwele, ndiyohlwayela inkohla-
kalo yoyise pezu kwabantwana, napezu
kwesesitatu napezu kwesesine *isizukulwana*
sabanditiyayo; 10 ndiwenzela ububele
amawaka abanditandayo nabayigcinayo
imiyalelo yami.
11 Akuyi kufumana ulibize igama LIKA-
YEHOVA, UTIXO wako: ngokuba UYEHOVA
engayi kumyeka angabi natyala lowo ufu-
mana elibiza igama lake.
12 Gcina umhla wesabata, ukuba uwe-
nze ngcwele; njengokuba ekuyalele UYE-
HOVA, UTIXO wako. 13 Wosebenza imihla
ibe mitandatu, uwenze wonke umsebenzi
wako; 14 kodwa umhla wesixenxe uyisa-
bata KAYEHOVA, UTIXO wako; akuyi kwenza
namnye umsebenzi *ngawo*, kwa wena, no-
nyana wako, nentombi yako, nesicaka sako,
nesicakakazi sako, nenkabi yako, neqwa-
rashe lako, nazo zonke inkomo zako, nowa-
semzini wako opakati kwamasango ako;
ukuze kupumle isicaka sako nesicakakazi
sako njengawe. 15 Uze ukumbule ukuba
ubusisicaka elizweni le-Jipete, nokuba
UYEHOVA, UTIXO wako, wakupumisa kona
ngesandhla esomeleleyo, nangengalo eyo-
lulweyo: ngako oko ukuyalele UYEHOVA,
UTIXO wako, ukuba uwubambe umhla we-
sabata.
16 Beka uyihlo nonyoko, njengokuba
ekuyalele UYEHOVA, UTIXO wako; ukuze
kwolulwe imihla yako, nokuze kulunge
kuwe, elizweni ulipiwayo NGUYEHOVA,
UTIXO wako.
17 Akuyi kubulala.
18 Akuyi kurexeza.
19 Akuyi kubà.
20 Akuyi kunqìna ubunqìna obubuxoki
ngakuye ummelwane wako.
21 Akuyi kunqwenela umfazi womme-
lwane wako; akuyi kukanuka indhlu yom-
melwane wako, *n*entsimi yake, nesicaka
sake, nesicakakazi sake, *n*enkabi yake, ne-
qwarashe lake, nannye into eyeyomme-
lwane wako.
22 Lamazwi wawateta UYEHOVA kuwo
wonke umhlambi wenu entabeni, epakati
kwomlilo, *n*elifu, nesitokotoko, ngelizwi
elikulu, engongezanga 'nto; waza wawa-
bàla pezu kwamacwecwe amatye amabini,
wawanika kumi.
23 Kwaye kute, nxa nevayo ilizwi li-
vela pakati kwobumnyama, (ngokuba in-
taba ibisitsha ngomlilo,) nandula na-
sondela kumi, zonke inkloko zezizwe
zenu, nabadala benu; 24 naye nisiti:
Bona ke, UYEHOVA, UTIXO wetu, usibonisile
ubungcwalisa bake nobukulu bake, ne-
lizwi lake silivile livela pakati kwomlilo:
namhla nje sibonile ukuba UYEHOVA uya-
teta nomntu, osapila noko. 25 Kodwa ka-
loku, kunganina ukuba sife? ngokuba
sekuya kusigqibela lomlilo umkulu: uku-
ba siya kupinda ukuliva ilizwi LIKAYEHOVA,
UTIXO wetu, kanjako, siya kwandula sife.
26 Ngokuba engubanina kuluntu lwonke
oke weva ilizwi LIKATIXO ohleliyo, eteta
epakati kwomlilo, njengati, waza wapila
ke? 27 Sondela wena, upulapule konke
okuya kutetwa NGUYEHOVA, UTIXO wetu;
uze utete kuti konke UYEHOVA, UTIXO wetu,
aya kuteta kona kuwe, sasiya kuva, senze
nokwenza.
28 Waza UYEHOVA weva ilizwi lamazwi
enu, nakuteta kumi; waye UYEHOVA esiti
kumi: Sendivile ilizwi lamazwi abantu
aba, abawatetileyo kuwe; balungisile nga-
ko konke bakutetileyo. 29 Akwaba kwa-
bekuko inkliziyo enjalo kubo, yokuba ba-
ndoyike, nokuba bayigcine yonke imiya-
lelo yami imihla yonke; ukuze kulunge
kubo nakubantwana babo kude kube ngu-
napakade! 30 Hamba, uti kubo: Buyani
niye ezintenteni zenu. 31 Kodwa wena,
yima apa ngakumi, ukuba nditete kuwe
yonke imiyalelo, nemimiselo, nemigwebo,
uya kubafundisa yona, ukuba bayenze
elizweni endilinika kubo, ukuze bali-
fuye. 32 Ngako niya kulumkela ukwenza
njengokuba UYEHOVA, UTIXO wenu, eniya-
lele: aniyi kupambukela ngasekunene
nangasekohlo. 33 Niya kuhamba kuzo
zonke indhlela aniyalele ngazo UYEHOVA,
UTIXO wenu, ukuba nipile, nokuba kulunge
kuni, nokuba niyolule imihla elizweni
eniya kulifuya.



University of Fort Hare

6 KEKALOKU yiyo le imiyalelo, nemi-
miselo, nemigwebo, owabeyalela UYE-
HOVA, UTIXO wenu, ukuba niyifundiswe;
ukuba niyenze elizweni apo niya kuwelela
kona ukulifuya: 2 ukuze umoyike UYEHO-
VA, UTIXO wako, uyigcine yonke imimi-
selo yake nemiyalelo yake endikuyalela-
yo, wena, nomntwana wako, nomntwana
womntwana wako, yonke imihla yokudhla
kwako ubomi; nokuze yolulwe imihla yako.
3 Pulapula ke, Sirayeli! ulumkele uku-
yenza; ukuba kulunge kuwe, nokuba
nande kakulu, (njengokuba etetile UYEHO-
VA, UTIXO woyihlo bako, kuwe,) elizweni
elela ubisi nobusi.
4 Pulapula, Sirayeli! UYEHOVA, UTIXO
wetu, NGUYEHOVA emnye: 5 wauya kum-
tanda UYEHOVA, UTIXO wako, ngayo yo-
nke inkliziyo yako, nangawo wonke umpe-
fumlo wako, nangawo onke amandhla ako.
6 Kanjalo lamazwi, endikuyalela wona
namhla, oba senkliziyweni yako: 7 wauya
kunyameka ukuwafundisa kubantwana ba-
ko, utete ngawo, ekuhlaleni kwako en-
dhlwini yako, nasekuhambeni kwako en-
dhleleni, nasekulaleni kwako, nasekuvuke-
ni kwako. 8 Kanjako uya kuwabopa abe
ngumqondiso pezu kwesandhla sako, aeya
kuba njengembasa pakati kwamehlo ako.
9 Wauya kuwabàla pezu kwemigubasi
yendhlu yako, nasemasangweni ako.
10 Kwaye kuya kuti, nxa UYEHOVA,
UTIXO wako, aya kukungenisa kwelozwe
owabefungela oyihlo bako, u-Abrahame,
u-Yisake, no-Yakobi, ukuba alinike kuwe;
izixeko ezikulu nezilungileyo ungazaka-
nga, 11 nezindhlu ezizele zindyebo zonke
ungazizalisanga, namacibi embelweyo u-
ngawembelanga, izitiya zemiti yeveyine
nezeminquma ungazityalanga; ude utye,
uhlute nokuhluta: 12 *wandule* ulumke, hle-
ze ulibale UYEHOVA, okukupileyo elizweni
le-Jipete, endhlwini yobukoboka. 13 Uya
kumoyika UYEHOVA, UTIXO wako, umkonze
yena; negama lake uya kulifunga. 14 Ani-
yi kulandela otixo bambi, abakubo otixo
benklanga eziningqongayo; 15 (ngokuba
UYEHOVA, UTIXO wako, ONGUTIXO onekwele
pakati kwenu;) hleze ingqumbo KAYE-
HOVA, UTIXO wako, ivute ngakuwe, ikutsha-
balalise ebusweni bomhlaba.
16 Aniyi kumlinga UYEHOVA, UTIXO wenu,
njengokuba nibe nimlinga e-Masa. 17 Ni-
ya kukutala ukugcina imiyalelo KAYEHO-
VA, UTIXO wenu, kwa nezinqìnelo zake, ne-
zimiselo zake, akuyaleleyo ngazo. 18 Wa-
uya kukwenza oko kufaneleyo nokulungi-
leyo emehlweni KAYEHOVA; ukuze kulunge
kuwe, nokuba ungene ulifuye elozwe li-
lungileyo, owabefunga ngalo UYEHOVA ko-
yihlo bako, 19 ukuba azisantsulise zonke
intshaba zako pambi kwako; njengokuba
etshilo UYEHOVA.
20 Xeshekweni akubuzayo unyana wako
ngexesha elizayo, esiti: Ziti nina izinqìne-
lo, nezimiselo, nezigwebo, UYEHOVA, UTIXO
wetu, aniyaleleyo? 21 uya kwandula uti
kunyana wako: Sibe sizizicaka ku-Faro
e-Jipete; kodwa UYEHOVA wasipumisa e-
Jipete ngesandhla esomeleleyo. 22 Waye
UYEHOVA esenza imiqondiso nemimangaliso,
emikulu nemibi, pezu kwe-Jipete, pezu
kwo-Faro, napezu kwayo yonke indhlu
yake, pambi kwamehlo etu; 23 waza wasi-
kupa kona, ukuze asingenise *apa*, ukuba
asinike elozwe wabefungela obawo ngalo.
24 Wandula UYEHOVA wasiyalela ukuba
sizenze zonke izimiselo ezi, simoyike UYE-
HOVA, UTIXO wetu, kube kukuncedwa kwetu
onke amaxesha, ukuba asilondoloze ebomi-
ni, njengokuba *kunjalo* namhla nje. 25 Ka-
njalo kwoba bubulungisa betu, nxa silu-
mkela ukuyenza yonke lemiyalelo, ebu-
sweni BUKAYEHOVA, UTIXO wetu, njengokuba
esiyalele.

7 XESHEKWENI UYEHOVA, UTIXO wako,
akungenisile kwelozwe apo uya kona
ukulifuya; na*xeshekweni* agxotileyo inkla-
nga ezininzi pambi kwako, ama-Hete,
nama-Giregashe, naba-Amori, naba-Kana-
ne, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi,
inklanga zisixenxe ezizezikulu nezinama-
ndhla ngapezu kwako; 2 na*xeshekweni*
UYEHOVA, UTIXO wako, azinikileyo ebusweni
bako, ukuba uzibete; uya kugqibela uku-
zilahlela ekutshatyalalisweni; akuyi ku-
lwenza nazo ucebano, akuyi kuzipata ngo-
fefe. 3 Kanjako akuyi kutshatiselana
nazo; intombi zako akuyi kuzendisa ko-
nyana bazo, nentombi zazo akuyi kuzita-
batela onyana bako: 4 ngokuba ziya ku-
pambukisa onyana bako kumi, ukuba ba-
konze otixo bambi; ize ivute ingqumbo
KAYEHOVA ngakuni, ikutshabalalise kamsi-
nya. 5 Kungokunje eniya kwenza kuzo:
izibingelo zazo niya kuzicita, nezifanekiso
ezimiyo zazo niya kuziqekeza, ne-Ashera
zazo niya kuzigaula, nemifanekiso eqingqi-
weyo yazo niya kuyitshisa ngomlilo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

6 Ngokuba ningabantu abangcwele nina
KUYEHOVA, UTIXO wenu: nina uniqashile
UYEHOVA, UTIXO wenu, ukuba nibe ngabantu
abanqabileyo kuye, ngapezu kwabo bonke
abantu abasebusweni bomhlaba. 7 Aku-
ngennxa yokuba baninzi kwenu ngapezu
kwabo bonke abantu, anamatele kuni UYE-
HOVA, waniqasha; ngokuba nibe ningaba-
ncinane kubo bonke abantu: 8 kungennxa
yokuba UYEHOVA ebenitanda, nokuba ebeya
kugcina isifungo owabefungele oyihlo benu
ngaso, anipumisileyo UYEHOVA ngesandhla
esomeleleyo, wanikulula endhlwini yobu-
koboka, esandhleni sika-Faro ukumkani
we-Jipete.
9 Yazi ke ngoko, ukuba UYEHOVA, UTIXO
wako, nguye ONGUTIXO, lowo UTIXO unyani-
sekileyo, obagcinela ucebano nobubele a-
bamtandayo nabayigcinayo imiyalelo yake,
kude kube liwaka lezizukulwana; 10 oti
kanjalo apindezele kubo abamtiyayo nga-
sebusweni babo, ukuba ababubise; akayi
kulibalela omtiyayo, wopindezela kuye
ngasebusweni bake. 11 Ngako uya ku-
gcina imiyalelo, nemimiselo, nemigwebo,
endikuyalelayo namhla, ukuba uyenze.
12 Kwakuya kuti, ngokuba nipulapula
lemigwebo, niyigcine, niyenze nokuyenza,
kukona UYEHOVA, UTIXO wako, aya kuku-
gcinela ucebano nobubele wabefungela
oyihlo bako ngabo: 13 waeya kukutanda,
akutamsanqele, akwandise: kanjalo uya
kutamsanqela isixakato sesizalo sako, nesi-
qamo somhlaba wako, innqolowa yako,
neveyine yako, neoli yako, inzalo yemazi
zako, nemihlambi yegusha zako, elizweni
owabefungela oyihlo bako ukuba alinike
kuwe. 14 Uya kutanyusanqelwa pezu
kwabantu bonke; akuyi kubako pakati
kwenu udhlolo nodhlolokazi, napakati
kwenkomo zako. 15 Waye UYEHOVA eya
kukwelelisa kuwe zonke izikuhlane; ne-
zifo zase-Jipete ezibi, ezo uzaziyo, akayi
kubeka nasinye pezu kwako, uya kuzibeka
pezu kwabo bonke abakutiyayo.
16 Kanjalo uya kugqibela bonke abantu
ubanikiweyo NGUYEHOVA, UTIXO wako; iliso
lako aliyi kuba nosizi pezu kwabo; notixo
babo akuyi kubakonza; ngokuba kuya
kuba ngumgibe kuwe oko. 17 Nxa uya
kuti enkliziyweni yako: Zininzi ezinkla-
nga ngapezu kwami; ndingati nina ukuzi-
gqogqa? 18 akuyi kwoyika ngennxa yazo;
kolisa ukukumbula oko wabekwenza UYE-
HOVA, UTIXO wako, ku-Faro nakuwo onke
ama-Jipete: 19 ezozilingelo zikulu azibo-
nileyo amehlo ako, nemiqondiso, nemima-
ngaliso, nesandhla esomeleleyo, nengalo
eyolulweyo, owabenipumisa ngazo UYEHO-
VA, UTIXO wako: uya kwenje njalo UYEHOVA,
UTIXO wako, kubo bonke abantu uboyikayo.
20 Kanjako UYEHOVA, UTIXO wako, wotuma
onomeva pakati kwabo, bade babube abo
baseleyo, abafihlekileyo kuwe. 21 Akuyi
kuba nokunkwantya pambi kwabo; ngo-
kuba UYEHOVA, UTIXO wako, epakati kwenu,
ENGUTIXO omkulu nowoyikekayo. 22 Waye
UYEHOVA, UTIXO wako, eya kugxota inkla-
nga ezo pambi kwako ngento encinane
nangento encinane: akuyi kunxama uku-
zigqibela, hleze ziya kwanda pezu kwa-
ko izilo zasendhle. 23 Koko UYEHOVA,
UTIXO wako, eya kuzinika ebusweni bako,
azipitizelise ngempitizeliso enkulu, zide
zitshatyalaliswe. 24 Nokumkani bazo
wobanika esandhleni sako, wauya kububisa
igama lazo pantsi kwezulu; akuko 'mntu
oya kuma pambi kwako, ungekazitshabala-
lisanga. 25 Imifanekiso eqingqiweyo yo-
tixo bazo niya kuyitshisa ngomlilo; akuyi
kunqwenela isilivere umhlaumbi igolide
epezu kwayo, akuyi kuyitabatela kuwo
kanjalo, hleze utiyelwe ngayo: ngokuba
iyintshontsho KUYEHOVA, UTIXO wako, yona.
26 Kanjako akuyi kungenisa into eyintsho-
ntsho endhlwini yako, hleze ube yinto ela-
hlelwe ekutshatyalalisweni njengayo: uya
kugqibela ukuyitiya, uya kugqibela noku-
yizonda: ngokuba iyinto elahlelwe eku-
tshatyalalisweni yona.

8 YONKE imiyalelo endikuyalelayo nam-
hla niya kulumkela ukuyenza, ukuze
nipile, nande, ningene, nilifuye ilizwe
owabe UYEHOVA efungela oyihlo benu ngalo.
2 Wauya kukumbula yonke indhlela aku-
hambisile ngayo UYEHOVA, UTIXO wako, le-
minyaka ingamashumi mane, enklango,
ukuze akutobe, akulinge, aze akwazi oku-
senkliziyweni yako, ukuba uya kugcina
imiyalelo yake, unga*yigcini* kusinina.
3 Wakutoba ke, wakulambisa, waza waku-
dhlisa imana, into ubungayazi, abebenga-
yazi noyihlo bako; ukuze akwazise ukuba
akungaso isonka sodwa apilayo umntu,
koko kungako konke okupumayo emlonyeni
KAYEHOVA apilayo umntu. 4 Izivato zako
aziguganga pezu kwako, nonyawo lwako
aludumbanga, leminyaka ingamashumi
mane. 5 Uya kwazi kanjalo enkliziyweni



University of Fort Hare

yako, ukuba, njengokuba umntu emohlwaya unyana wake, UYEHOVA, UTIXO wako, uyohlwaya wena. 6 Ngako uya kugcina imiyalelo KAYEHOVA, UTIXO wako, ukuba uhambe ezindhleleni zake, nokuba umoyike. 7 Ngokuba UYEHOVA, UTIXO wako, ekuzisa elizweni elilungileyo, ilizwe lemilanjana yamanzi, lemitombo nenzulu, epumayo emihlanjeni nasezintabeni; 8 ilizwe lenqolowa, neralasi, nemiti yeveyine, nemikiwane, negranate; ilizwe leminquma yeoli, nobusi; 9 ilizwe uya kusitya isonka kulo kungeko 'buhlwempu, apo ungayi kuswela 'luto kona; ilizwe elimatye asisincete, nelintaba uya kumbela ubedu kuzo.

10 Xeshekweni nityileyo nahluta nokuhluta, uya kumbonga UYEHOVA, UTIXO wako, ngennxa yelolizwe lilungileyo ulipiwe nguye. 11 Lumka ke, ukuba ungalibali UYEHOVA, UTIXO wako, ngokungagcini imiyalelo yake, nemigwebo yake, nemimiselo yake, endikuyalelayo namhla: 12 hleze *uti, nxa* uya kutya uhlute nokuhluta, wake izindhlu ezinkle, uhlale *kuzo*, 13 ziti nenkomo zako negusha zako zibe zininzi, kwa nesilivere negolide ikwandele, nako konke unako kwande ke; 14 yandule ipakame inkliziyo yako, ukuba ulibale UYEHOVA, UTIXO wako, okukupileyo elizweni le-Jipete, endhlwini yobukoboka; 15 owakuhambisayo kulonklango inkulu eyoyikekayo, *apo zikoyo* innyoka ezibumlilora, nonomadudwane, nokwoma, apo kungeko amanzi kona; owakupumisela amanzi eweni lelitye elilukuni; 16 owakudhlisayo imana enklango, into bebengayazi oyihlo bako, ukuze akutobe, nokuze akulinge, ukuba akwenzele okulungileyo ekupeleni kwako; 17 ude uti enkliziyweni yako: Amandhla ami, nokwomelela kwesandhla sami kundenzele ubutyebi obu. 18 Kodwa uya kukumbula UYEHOVA, UTIXO wako, ukuba nguye okunikayo amandhla okwenza ubutyebi; ukuze aluqinise ucebano lwake, abefungela oyihlo bako ngalo, njengokuba *kunjalo* namhla nje.

19 Koko kuya kuti, nxa uka ulibale UYEHOVA, UTIXO wako, uze ulandele otixo bambi, ubakonze, uziqubude pambi kwabo, ndiyanqina ngakuni namhla, ukuba niya kububa ngennyaniso. 20 Njengenklanga azibubisayo UYEHOVA pambi kwenu, niya kububa njalo; ngennxa yokuba beningayi kuliva ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO wenu.

9 PULAPULA, Sirayeli! uya kuwela namhla i-Yoredane, ukuba uye ufuye okwenklanga ezizezikulu nezinamandhla pezu kwako; izixeko ezikulu ezinqatyiselweyo ngasezulwini; 2 abantu abakulu, abade, usapo lwama-Hanaki, olo ulwaziyo, novileyo ngalo *ukuti:* Ngubanina ongemayo ebusweni bosapo luka-Hanaki? 3 Yazi ke namhla, ukuba UYEHOVA, UTIXO wako, unguye oya kuwela pambi kwako, ongumlilo odhlayo; nguye oya kubatshabalalisa, nguye oya kubatobisa ebusweni bako; wauya kubagqogqa, ubabubise kamsinya, njengokuba etetile UYEHOVA kuwe.

4 Ungatsho enkliziyweni yako, nxa UYEHOVA, UTIXO wako, abasantsulisile pambi kwako, usiti: Kungokulunga kwami andingenisile UYEHOVA ukuza kulifuya elilizwe: ngokuba kungokukohlakala kwezinklanga UYEHOVA azigqogqayo pambi kwako. 5 Akungokulunga kwako, nangolungelelwano lwenkliziyo yako, uyayo ukulifuya ilizwe lazo: koko kungokukohlakala kwezinklanga UYEHOVA, UTIXO wako, azigqogqayo pambi kwako, nangokuba eya kuliqinisa ilizwi, owabefunga ngalo UYEHOVA koyihlo bako, ku-Abrahame, ku-Yisake, naku-Yakobi. 6 Yazi ngoko, ukuba akungokulunga kwako UYEHOVA, UTIXO wako, akupayo elilizwe lilungileyo ukulifuya: ngokuba ungabantu abantamo ilukuni.

7 Kumbula, ungalibali, okokuba ubuqumbisa UYEHOVA, UTIXO wako, enklango: kwa kulowamhla nibe nipuma ngawo ezweni le-Jipete, nide nafika kulendawo, nivukelene NOYEHOVA.

8 Nase-Horebe nibe niqumbisa UYEHOVA, wada wati UYEHOVA waniqumbela ukunitshabalalisa. 9 Xeshekweni ndibe ndinyukele entabeni *apo*, ukuya kuwamkela amacwecwe amatye, amacwecwe ocebano owabelwenzile nani UYEHOVA, ndandula ndahlala entabeni immini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane, isonka ndingasityanga, namanzi ndingawaselanga: 10 waye UYEHOVA wanika kumi amacwecwe amatye amabini, ebàlelwe ngomnwe KATIXO; napezu kwawo *kwabàlwa* njengawo onke amazwi, abewatetile UYEHOVA kuni entabeni epakati kwomlilo, ngomhla wenklanganisano. 11 Kwaza kwati, ekupeleni kwemmini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane, UYEHOVA wanika kumi *lawo* amacwecwe amatye amabini,



University of Fort Hare
Together in Excellence

amacwecwe ocebano. 12 Wayesiti UYE-
HOVA kumi: Suka, uxama uhle apa; ngo-
kuba abantu bako, abo ubakupileyo e-
Jipete, sebezonakalisile; bapambukile
kamsinya endhleleni endibe ndibayalela
ngayo; bazenzele umfanekiso otyityishiwe-
yo. 13 Walekela wateta UYEHOVA kumi,
esiti: Ndibabonile abantu aba; kekaloku,
bona ke, bangabantu abantamo ilukuni:
14 ndiyeke, ukuba ndibatshabalalise, ndi-
cime igama labo pantsi kwezulu; ndandiya
kukwenza wena ube luhlanga olunama-
ndhla nolukulu pezu kwabo.

15 Ndada ndajika, ndehla entabeni;
yati intaba yatsha ngomlilo: aye *lo*macwe-
cwe amabini ocebano ebesezandhleni zami
zozibini. 16 Ndaza ndakangela, kekaloku
bona ke, nibe nonile ngakuye UYEHOVA,
UTIXO wenu; nibe nizenzele itole elityityi-
shiweyo; nibe nipambukile kamsinya
endhleleni abeniyalele ngayo UYEHOVA.
17 Ndaza ndabamba amacwecwe lawo
omabini, ndawalahla ezandhleni zami
zozibini, ndawaqekeza emehlweni enu.
18 Ndandul' ukuziwisa pambi KWOYEHOVA,
njengasekuqaleni, immini zamashumi ma-
ne nobusuku bakwa mashumi mane; isonka
bendingasidhli, namanzi bendingawaseli;
ngenxa yazo zonke izono zenu enibe no-
nile ngazo, ngokwenza okubi emehlweni
KAYEHOVA ukumqumbisa. 19 Ngokuba
bendisoyikela ingqumbo nomsindo abequ-
mbile ngawo UYEHOVA pezu kwenu ukuni-
tshabalalisa. Kodwa UYEHOVA wabepula-
pula kumi nangeloxesha. 20 Kanjako u-
Arone UYEHOVA wabemqumbela kunene
ukumtshabalalisa; koko ndabenditandazela
no-Arone ngexesha elo. 21 Nesono senu,
itole enibe nilenzile, lona ndalitabata, nda-
litshisa ngomlilo, ndalinqusha, ndikolisa
ukulisila, lada lacoleka njengotuli; ndaza
ndaluposa utuli lwalo emlanjaneni owehla-
yo entabeni.

22 (Kwa nase-Tabera, nase-Masa, nase-
Kibrote-hatava, nibe nimqumbisa UYEHOVA.
23 Kanjako nxa UYEHOVA wanisusayo e-
Kadeshe-baneha, esiti: Nyukani niye nili-
fuye elozwe nilipiwe ndimi; nandula na-
vukela umteto KAYEHOVA, UTIXO wenu,
ningakolwanga nguye, ningapulapulanga
nelizwi lake. 24 Nivukelene NOYEHOVA
kuselokwalomhla bendinazi ngawo.)

25 Kwa njalo ndaziwisa pantsi ebusweni
BUKAYEHOVA, ezommini zimashumi mane
nobusuku bukwa mashumi mane, njengoko
bendiziwisile pantsi *ekuqaleni*; ngokuba
ebete UYEHOVA uya kunitshabalalisa. 26
Ndaza ndatandaza KUYEHOVA, ndati: NKOSI,
YEHOVA! zungabubisi abantu bako nelifa
lako, obakululeyo ngobukulu bako, obapu-
misileyo e-Jipete ngesandhla esomeleleyo.
27 Kumbulela izicaka zako, u-Abrahamo, u-
Yisake, no-Yakobi; zungabeki kubo ubu-
lukuni babantu aba, nakuyo inkohlakalo
yabo, nakuso isono sabo; 28 hleze liti elo-
zwe ubusipumisa kulo: Ngenxa yokuba
ebekohliwe UYEHOVA ukubangenisa elizwe-
ni, owabetetile ngalo kubo, nokuba waba-
tiya, *kukona* abapumisileyo ukuba abafise
enklango. 29 Noko bangabantu bako ne-
lifa lako, owabubapumisa ngamandhla ako
amakulu nangengalo yako eyolulweyo.

10 Kwa ngeloxesha wati UYEHOVA kumi:
Zibazele amacwecwe amatye abe ma-
bini njengawokuqala, uze unyukele ku-
mi entabeni; uzenzele netyeya yemiti.
2 Ndandiya kubàla pezu kwalamacwe-
cwe amazwi abesemacwecweni okuqala,
owauwaqekezile; wona uya kuwabeka
etyeyeni leyo. 3 Ndaza ndayenza itye-
ya ngemiti yeshitime, ndawabaza amacwe-
cwe amatye amabini njengawokuqala;
ndasuka ndenyukela entabeni, ndinama-
cwecwe lawo omabini esandhleni sami.
4 Wandula wabàla pezu kwalamacwecwe,
njengokubàlwa kwokuqala, amazwi alishu-
mi, owawatetayo UYEHOVA kuni entabeni,
epakati kwomlilo, ngomhla wenklangani-
sano: waye UYEHOVA ewanika kumi.
5 Ndajika ke, ndehla entabeni, ndawabeka
amacwecwe lawo etyeyeni endibe ndiye-
nzile; ako kwa kona, njengokuba UYEHOVA
wabendiyalela.

6 (Kekaloku usapo luka-Sirayeli lwa-
nduluka e-Berote-bene-yahakane, lwaya e-
Mosera: apo wabuba u-Arone, wancwatye-
lwa apo kanjalo; waza u-Elezari unyana
wake wakonza ngobuperisite esikundhleni
sake. 7 Lwanduluka kona, lwaya e-Gu-
degoda; *lwanduluka* nase-Gudegoda, lwaya
e-Yotebata, ilizwe lemilanjana yamanzi.)

8 Wati UYEHOVA ngexesha elo, wahlula
isizwe sika-Levi ukuba sitwale ityeya yo-
cebano LUKAYEHOVA, nokuba sime ebusweni
BUKAYEHOVA ukumkonza, nokuba sitamsa-
nqelise ngegama lake, kwada kwanamhla
nje. 9 Ngako oko u-Levi akanasabelwa
nalifa kunye nabazalwana bake; NGUYE-
HOVA ilifa lake, njengokuba UYEHOVA,
UTIXO wako, etshilo kuye.



University of Fort Hare

10 Kwa njalo ndahlala entabeni, nje-
ngasemihleni yapambili, immini zamashumi
mane nobusuku bakwa mashumi mane ;
waye UYEHOVA epulapula kumi nangexesha
elo, engavumi UYEHOVA ukukububisa. 11
Koko wati UYEHOVA kumi : Suka, hamba
ukuya kunduluka pambi kwabantu, ukuba
bangene balifuye ilizwe, endifungele oyise
babo ukuba ndibape lona.

12 NAKALOKU, Sirayeli ! yinto nina
UYEHOVA, UTIXO wako, ayibiza kuwe, ku-
pela ukuba umoyike UYEHOVA, UTIXO wako,
ukuba uhambe kuzo zonke indhlela zake,
nokuba umtande, nokuba umkonze UYE-
HOVA, UTIXO wako, ngayo yonke inkliziyo
yako, nangawo wonke umpefumlo wako,
13 ukuba ugcine imiyalelo KAYEHOVA, ne-
mimiselo yake, endikuyalelayo namhla,
kube kukulunga kwako ? 14 Bona ke,
izulu leLIKAYEHOVA, UTIXO wako, nezulu
lamazulu, umhlaba, nako konke okukuwo.
15 Kodwa UYEHOVA wanamatela koyihlo
bako ukuba abatande, wayeqasha nenzalo
yabo emva kwabo, *kwa* nina, ngapezu
kwabo bonke abantu, njengokuba *kunjalo*
namhla nje. 16 Yalusani ngoko ijwabu
lenkliziyo yenu, nentamo yenu ningabuyi
niyenze lukuni. 17 Ngokuba UYEHOVA,
UTIXO wenu, eNGUTIXO wotixo, NENKOSI yen-
kosi ; lowo UTIXO omkulu, onamandhla,
owoyikekayo, ongabuki ubuso, ongamkeli
nebaso ; 18 elungisa ityala lenkedama nom-
hlolokazi ; etanda owasemzini, ukuba ampe
isonka nezivato. 19 Ngako niya kumtanda
owasemzini ; ngokuba nibe ningabasemzini
elizweni le-Jipete. 20 UYEHOVA, UTIXO
wako, uya kumoyika, umkonze yena ; wo-
namatela kuye, negama lake ulifunge. 21
Nguye oyindumiso yako, nguye ONGUTIXO
wako ; lowo okwenzele ezizinto zinkulu
nezoyikekayo, ezona aziboniléyo amehlo
ako. 22 Oyihlo bako behlela e-Jipete
beyimipefumlo ingamashumi asixenxe ; ka-
nti kaloku, UYEHOVA, UTIXO wako, ukwenzile
njengenkwenkwezi zezulu ukuba baninzi.

11 Kukona uya kutanda UYEHOVA, UTIXO
wako, ugcine umyalezelo wako, nezi-
miselo zake, nezigwebo zake, nemiyalelo
yake, ngamaxesha onke.
2 Yazini ke namhla, ukuba *andi*teti na-
bantwana benu, abangazanga nabangabo-
nanga isohlwayo SIKAYEHOVA, UTIXO wenu ;
ubukulu bake, isandhla sake esomeleleyo,
nengalo yake eyolulweyo ; 3 nemiqo-
ndiso yake, nezenzo zake, abezenza pa-
kati kwe-Jipete, ku-Faro ukumkani we-
Jipete, nakulo lonke ilizwe lake ; 4 noko
abekwenza empini yama-Jipete, emaha-
sheni awo, nasezinnqwelweni zawo zoku-
lwa, okokuba welisa amanzi olwandhle
olubomvu pezu kwawo, nxa aniputumayo,
nokuba wawatshabalalisa kwada kwanam-
hla ; 5 noko abekwenza kuni enklango,
nada nafika kulendawo ; 6 noko abekwenza
ku-Datane naku-Abirame, onyana baka-
Eliyabe, unyana ka-Rubene, okokuba um-
hlaba wakamisa umlomo wawo, wabaginya,
kwa nabendhlu zabo, nentente zabo, nako
konke okuhleliyo okube kulunge kubo,
pakati kwo-Sirayeli bonke : 7 ngokuba
amehlo enu ewubonile wonke lomse-
benzi omkulu KAYEHOVA abewenza. 8 Yi-
gcineni ngoko yonke imiyalelo endiniyale-
layo namhla ; ukuze nibe nomelele, niye
nilifuye ilizwe, eniwelela kona ukuba nili-
fuye ; 9 nokuze nolule imihla pezu kwa-
lomhlaba, UYEHOVA wafungela oyihlo benu
ukuba wowunika kubo nakwinzalo yabo ;
ilizwe elela ubisi nobusi.
10 Ngokuba ilizwe, apo uya kona ukuba
ulifuye, lingenjengelizwe le-Jipete lona,
apo navela kona, apo wahlwayelayo im-
bewu yako, wayinyela ngonyawo lwako,
njengesitiya semifuno : 11 kodwa ilizwe,
eniwelela kona ukuba nilifuye, lilizwe
lentaba nemihlambo ; liyasela amanzi
ngemvula yezulu : 12 lilizwe UYEHOVA,
UTIXO wako, alikatalelayo : kufuti amehlo
KAYEHOVA, UTIXO wako, apezu kwalo, kwa
sekuqaleni kwomnyaka nakude kube seku-
peleni kwomnyaka.
13 Kwakuya kuti, nxa niya kukutala
ukupulapula imiteto yami endiniyalelayo
namhla, yokuba nimtande UYEHOVA, UTIXO
wenu, nokuba nimkonze ngayo yonke in-
kliziyo yenu nangawo wonke umpefumlo
wenu ; 14 ndiya kwandula ndinike imvula
yomhlaba wenu ngexesha layo, eyapambili
imvula neyasemva imvula ; ukuze ubute
innqolowa yako, neveyine yako, neoli
yako. 15 Ndandiya kunika innca ezin-
dhleni zako ibe yeyenkomo zako ; wanya
kutya uhlute nokuhluta.
16 Zilumkeleni, hleze inkliziyo yenu
ihendwe, nide nipambuke, nikonze otixo
bambi, nitobe pambi kwabo ; 17 yandule
ivute ingqumbo KAYEHOVA ngakuni, ade
avingce izulu, ukuba ingabiko imvula, no-
kuba umhlaba unganiki ukuhluma kwawo ;



University of Fort Hare
Together in Excellence

nize nibube kamsinya kwelolizwe lilungi-
leyo enilipiwayo NGUYEHOVA.
18 Ngako lamazwi ami uya kuwabeka
enkliziyweni yenu, nasempefumlweni we-
nu; nowabopa abe ngumqondiso pezu kwe-
sandhla senu, aeya kuba njengembasa
pakati kwamehlo enu: 19 naniya kuwa-
fundisa kubantwana benu, nitete ngawo,
ekuhlaleni kwako endhlwini yako, nase-
kuhambeni kwako endhleleni, nasekulaleni
kwako, nasekuvukeni kwako: 20 kanjako
uya kuwabàla pezu kwemigubasi yendhlu
yako, nasemasangweni ako: 21 kuze kwo-
lulwe imihla yenu, nemihla yabantwana
benu, kwelolizwe wabefungela oyihlo benu
UYEHOVA ukuba alinike kubo, njengemihla
yezulu pezu kwomhlaba.
22 Ngokuba xeshekweni nikutala uku-
gcina yonke lemiyalelo endiniyalelayo
ukuba niyenze, yokuba nimtande UYEHOVA,
UTIXO wenu, nihambe kuzo zonke indhlela
zake, ninamatele nokunamatela kuye; 23
woti UYEHOVA agqogqe zonke ezinklanga
kwa pambi kwenu, naniya kufuya okwen-
klanga ezizezinkulu nezinamandhla pezu
kwenu. 24 Zonke indawo, uya kunyatela
kuzo umzantsi wennyawo zenu, zoba ze-
zenu: *kutabata* enklango ne-Lebanone, *na-*
kuwo umlambo, umlambo ongum-Ferate,
nakude kube lulwandhle lwasemva, kwoba
ngumda wenu. 25 Akuko 'mntu oya kuba
nokuma pambi kwenu: ukunkwantywa
kwenu nokwoyikwa kwenu wokubeka U-
YEHOVA, UTIXO wenu, pezu kwawo wonke
umhlaba eniya kunyatela kuwo, njengo-
kuba etshilo kuni.
26 Bona ke, ndiyabeka ebusweni benu
namhla nje itamsanqeliso nesiqalekiso: 27
itamsanqeliso, nxa nivayo imiyalelo KA-
YEHOVA, UTIXO wenu, endiniyalelayo nam-
hla; 28 nesiqalekiso, ukuba aniyi kuva
imiyalelo KAYEHOVA, UTIXO wenu, nipa-
mbuka endhleleni endiniyalela ngayo nam-
hla, ukuya kulandela otixo bambi, abo
nibe ningabazi.
29 Kwakuya kuti, nxa UYEHOVA, UTIXO
wako, akungenisile elizweni apo uya kona
ukulifuya, niya kwandula ninike itamsa-
nqeliso pezu kwentaba ye-Gerizime, nesi-
qalekiso pezu kwentaba ye-Hebali. 30
Ezo*ntaba* azipesheya kwe-Yoredane na,
emva kwendhlela ngasekutshoneni kwe-
langa, elizweni laba-Kanane, abableliyo
etafeni, malungana ne-Gilegale, kufupi
neyeko zika-More? 31 Ngokuba niya ku-
wela i-Yoredane, ukuya kulifuya elozwe
enilipiwayo NGUYEHOVA, UTIXO wenu; na-
niya kulifuya, nihlale nokuhlala kulo.
32 Lumkelani ngoko ukuzenza zonke
izimiselo nezigwebo, endizibekayo pambi
kwenu namhla nje.

12 ZIZO ezi izimiselo nezigwebo, eniya
kulumkela ukuzenza kwelozwe enili-
piwayo NGUYEHOVA, UTIXO woyihlo benu,
ukuba nilifuye, yonke imihla eniya kubu-
dhla ubomi ngayo pezu kwomhlaba.
2 Niya kugqibela ukutshabalalisa zonke
indawo, apo inklanga eniya kufuya okwazo
zibe zikonza kona otixo bazo, pezu kwen-
taba ezinde, napezu kwenduli, nangapantsi
kwayo yonke imiti eluhlaza: 3 naniya
kuzicita izibingelo zazo, niziqekeze izifa-
nekiso ezimiyo zazo, ne-Ashera zazo ni-
zitshise ngomlilo, nemifanekiso eqingqi-
weyo yotixo bazo niyigaule, namagama abo
niwatshabalalise kulondawo.
4 Aniyi kwenje njalo KUYEHOVA, UTIXO
wenu. 5 Kodwa kwindawo aya kunyula
yona UYEHOVA, UTIXO wenu, kuzo zonke
izizwe zenu, ukuba abeke igama lako
kona, kwinklalo yake niya kufuna, niye
kwa lapo ke. 6 Naniya kuzisa kona apo
amadini okutshiswa enu, nemibingo yenu,
nezishumi zenu, nomnikelo wokufunqu-
funqulwa wesandhla senu, nezibambiso
zenu, neminikelo yesisa yenu, namazibulo
enkomo zenu nawegusha zenu. 7 Naniya
kutya kona apo ebusweni BUKAYEHOVA,
UTIXO wenu, nivuye kuko konke enisolulele
kona isandhla senu, nina nendhlu zenu,
akutamsanqele ngako UYEHOVA, UTIXO wako.
8 Aniyi kwenza njengako konke sikwe-
nzayo apo namhla; abanye ngabanye *besenza*
okusukuba kufanele kwawabo amehlo. 9
Ngokuba kwada kwakaloku ningafikanga
ekupumleni naselifeni, enilipiwayo NGUYE-
HOVA, UTIXO wenu. 10 Kodwa niya kuwela
i-Yoredane, nihlale kwelozwe UYEHOVA,
UTIXO wenu, aya kunamkelisa ilifa lalo;
waeya kunipumza kuzo zonke intshaba
zenu ezingqongayo, nide nihlale ngoku-
nqaba. 11 Oko kuya kubako indawo, aya
kuyinyula UYEHOVA, UTIXO wenu, ukuba ali-
mise kona igama lake; kwa lapo niya kuzisa
konke endiniyalela ngako: amadini oku-
tshiswa enu, nemibingo yenu, izishumi
zenu, nomnikelo wokufunqufunqulwa we-
sandhla senu, nazo zonke izibambiso zenu
ezidhluliseleyo enibambisa ngazo KUYE-



University of Fort Hare

HOVA: 12 naniya kuvuya ebusweni BUKA-
YEHOVA, UTIXO wenu, nina, nonyana benu,
nentombi zenu, nezicaka zenu, nezicaka-
kazi zenu, nom-Levi opakati kwamasango
enu; ngokuba kungeko kuye isabelwa ne-
lifa kunye nani.
13 Zilumkele, ukuba unganikeli amadini
okutshiswa ako kuzo zonke indawo uya
kuzibona: 14 koko endaweni UYEHOVA aya
kunyula yona kwesinye sezizwe zakowenu,
kwa lapo uya kunikela amadini okutshiswa
ako, nalapo uya kukwenza konke endiku-
yalela ngako.
15 Kodwa ungabinga utye innyama nga-
ko konke ukukanuka kwompefumlo wako,
njengetamsanqa LIKAYEHOVA, UTIXO wako,
ulipiweyo nguye, pakati kwawo onke ama-
sango ako: oncolileyo nococekileyo banga-
yidhla, njengebadi nanjengexama. 16 Ku-
pela igazi aniyi kulidhla; lona noligalela
pezu kwomhlaba njengamanzi.
17 Akungetye pakati kwamasango ako
isishumi sennqolowa yako, neseveyine ya-
ko, neseoli yako, nawo amazibulo enkomo
zako nawegusha zako, nazo zonke iziba-
mbiso zako obambisileyo ngazo, nemini-
kelo yesisa yako, nomnikelo wokufunqufu-
nqulwa wesandhla sako: 18 koko kupambi
KWOYEHOVA, UTIXO wako, uya kuzidhla,
endaweni aya kunyula yona UYEHOVA,
UTIXO wako, wena, nonyana wako, nen-
tombi yako, nesicaka sako, nesicakakazi
sako, nom-Levi opakati kwamasango ako;
wauya kuvuya pambi KWOYEHOVA, UTIXO
wako, kuko konke usolulela kona isandhla
sako. 19 Zilumkele, ukuba ungamshiyi
um-Levi, yonke imihla yako emhlabeni
wako.
20 Xeshekweni UYEHOVA, UTIXO wako,
aya kuwenza banzi umda wako, njengo-
kuba etshilo kuwe, ude uti: Ndoyidhla
innyama; ngokuba umpefumlo wako uka-
nuka ukudhla innyama; ngako konke
ukukanuka kwompefumlo wako unga-
yidhla innyama. 21 Nxa ikude kuwe
londawo UYEHOVA, UTIXO wako, ayinyuli-
leyo ukuba alibeke igama lake kona, uya
kwandula ubinge kwinkomo zako, nakwi-
gusha zako, ozipiweyo NGUYEHOVA, njengo-
kuba ndikuyalele; wauya kutya pakati
kwamasango ako ngako konke ukukanuka
kwompefumlo wako. 22 Kwa njengokuba
kutyiwa ibadi nexama, kunjalo uya kutya
zona: oncolileyo nococekileyo bofana uku-
zitya kwabo. 23 Kodwa qinisa ukuba
ungalidhli igazi; ngokuba igazi libubomi;
nobomi akuyi kubudhla kunye nennyama.
24 Akuyi kulidhla; woligalela pezu kwom-
hlaba njengamanzi. 25 Akuyi kulidhla;
ukuze kulunge kuwe, nakubantwana bako
emva kwako, nxa uya kukwenza okufa-
neleyo emehlweni KAYEHOVA.
26 Kodwa izinto ezingcwele zako oya
kuba nazo, nezibambiso zako, wozitabata,
uye kulondawo aya kunyula yona UYEHOVA;
27 wauya kunikela amadini okutshiswa
ako, innyama negazi, pezu kwesibingelo
SIKAYEHOVA, UTIXO wako: loti igazi lemi-
bingo yako ligalelwe pezu kwesibingelo
SIKAYEHOVA, UTIXO wako, nennyama uya
kuyidhla.
28 Lumka uwapulapule onke lamazwi
endikuyalelayo, ukuze kulunge kuwe, na-
kubantwana bako emva kwako, kude kube
ngunapakade, nxa uya kukwenza okulu-
ngileyo nokufaneleyo emehlweni KAYEHOVA,
UTIXO wako.
29 Nxa UYEHOVA, UTIXO wako, aya kucita
inklanga, apo uya kona ukufuya okwazo,
pambi kwako; ude ukufuye esikundhleni
sazo, uhlale nokuhlala elizweni lazo;
30 zilumkele, ukuba ungatiyelwa emva
kwazo, emvenikweni zitshatyalalisiwe pa-
mbi kwako; nokuba ungabuzi ngotixo
bazo, usiti: Zibe zisenje njanina ezinkla-
nga ukukonza otixo bazo? sendiya kwenje
njalo nami. 31 Akuyi kwenje njalo KU-
YEHOVA, UTIXO wako: ngokuba konke oku-
yintshontsho KUYEHOVA, oko akutiyayo,
zikwenzele otixo bazo; ngokuba kwa no-
nyana bazo nentombi zazo zibatshisile em-
lilweni kotixo bazo.
32 Zonke izinto endiniyalela ngazo, niya
kulumkela ukuzenza; akuyi kwongeza
kuzo, akuyi kususa kuzo kanjako.

13 NXA kuvuka pakati kwenu umprofite,
umhlaumbi umpupi wamapupa, okuni-
kayo umqondiso, umhlaumbi ummangaliso;
2 uze uhle lomqondiso, umhlaumbi lom-
mangaliso, abeteta ngawo kuwe, esiti: Ma-
silandele otixo bambi, abo ungabazanga,
sibakonze; 3 akuyi kupulapula kuwo
amazwi alomprofite, umhlaumbi kuye lom-
pupi wamapupa: ngokuba UYEHOVA, UTIXO
wenu, enilinga, ukuze azi ukuba niyam-
tanda UYEHOVA, UTIXO wenu, ngayo yonke
inkliziyo yenu, nangawo wonke umpe-
fumlo wenu, kusinina. 4 Niya kumla-
ndela UYEHOVA, UTIXO wenu, nimoyike yena;



University of Fort Hare
Together in Excellence

nemiyalelo yake niya kuyigcina, nelizwi
lake noliva; naniya kumkonza yena, nina-
matelele kuye. 5 Kanti lomprofite, um-
hlaumbi lompupi wamapupa, uya kufiswa:
ngokuba etetile impambuko ngakuye UYE-
HOVA, UTIXO wenu, obenikupa ezweni le-
Jipete, wanikulula endhlwini yobukoboka;
ukuze akukukulise endhleleni akuyaleleyo
UYEHOVA, UTIXO wako, ukuba uhambe kuyo.
Kwa njalo uya kukwelelisa inkohlakalo
pakati kwenu.

6 Nxa umninawe wako, unyana wo-
nyoko, umhlaumbi unyana wako, um-
hlaumbi intombi yako, umhlaumbi um-
fazi wesifuba sako, umhlaumbi umhlobo
wako, onjengowako umpefumlo, aya kuku-
henda ngasese, esiti: Masiye sikonze otixo
bambi, abo ungabazanga, wena noyihlo
bako; 7 abakubo otixo babantu abani-
ngqongayo, abakufupi kuwe, umhlaumbi
abakude nawe, kwa kwennye inncame
yomhlaba kude kube nakwennye inncame
yomhlaba; 8 akuyi kuvumelana naye,
akuyi kupulapula kuye kanjalo; iliso lako
aliyi kuba nosizi pezu kwake, akuyi kuba
nanceba *kuye*, akuyi kumzimeza; 9 koko
uya kumbulala ngennyaniso; esako isa-
ndhla soba pezu kwake kuqala ukumfisa,
nesandhla sabantu bonke kamva. 10
Wauya kumgibisela ngamatye, ade afe:
ngokuba ebefuna ukukukukulisa KUYEHOVA,
UTIXO wako, okukupileyo ezweni le-Jipete,
endhlwini yobukoboka. 11 Baye o-Sira-
yeli bonke beya kuva, boyike, bangapindi
ukwenza njengalento ekohlakeleyo pakati
kwenu.

12 Nxa uya kuva kwesinye sezixeko
zakowenu, ozipiweyo NGUYEHOVA, UTIXO
wako, ukuba uhlale kona, kusitwa: 13 Ku-
pumile amadoda, usapo lwobunginingini,
kuni, akukulisileyo abemi besixeko sawo,
esiti: Masiye sikonze otixo bambi, abo
eningabazanga; 14 uya kwandula uku-
funa, upengulule, ukolise ukubuza: keka-
loku bona ke, *ukuba* kuyinnene, *nokuba*
kuyinto eqinileyo, *okokuba* kwenziwe le-
yonto ebuntshontsho pakati kwenu; 15
uya kugqibela ukubabeta abemi besixeko
eso ngohlangoti lwerele, usilahlela eku-
tshatyalalisweni, nako konke okukuso, nen-
komo zaso, ngohlangoti lwerele. 16 Nalo
lonke ixoba laso wolibutela pakati kwesi-
tarate saso, ugqibele ukutshisa ngomlilo
esosixeko nalo lonke ixoba laso, KUYEHOVA,
UTIXO wako: sasiya kuba yimfumba kude
kube ngunapakade; asiyi kubuya sakiwe.
17 Kanjalo akuyi kunamatela 'nto esa-
ndhleni sako koko kulahlelweyo ekutsha-
tyalalisweni: ukuze aguquke UYEHOVA ebu-
shushwini bengqumbo yake, akwenzele
izibele, akupate ngenceba, akwandise,
njengokuba efungele oyihlo bako; 18 nxa
uya kupulapula ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO
wako, lokuba ugcine yonke imiyalelo yake
endikuyalelayo namhla, yokuba ukwenze
okufaneleyo emehlweni KAYEHOVA, UTIXO
wako.

14 NINA nilusapo LUKAYEHOVA, UTIXO
wenu: aniyi kuziqapula, aniyi kwenza
ubunqai pakati kwamehlo enu kanjako,
ngennxa yofileyo. 2 Ngokuba ningabantu
abangcwele nina KUYEHOVA, UTIXO wenu:
kanjalo nina uniqashile UYEHOVA, UTIXO
wenu, ukuba nibe ngabantu abanqabileyo
kuye, ngapezu kwabo bonke abantu abase-
busweni bomhlaba.

3 Akuyi kutya nannye into eyintsho-
ntsho. 4 Zizo ezi izilo eniya kuzidhla: in-
komo, igusha, nebokwe; 5 ixama, nebadi,
neliza, nenklangu, newula, nembabala,
nempunzi. 6 Nazo zonke izilo ezilwa-
hlula upupu, ezicanda upupu ezahlulweni
zibini, ezihlafuna umtyiso, pakati kwezilo,
ezona niya kuzidhla. 7 Ezi noko aniyi
kuzidhla kwezo zityisayo, nakwezo zilwa-
hlulayo upupu olucandekileyo: inkamela,
nomvundhla, nembila; ngokuba ezi zihla-
funa umtyiso, kodwa upupu azilwahluli;
zincolile zona kuni: 8 nehangu, ngokuba
leyo ilwahlula upupu, kodwa ayityisi;
incolile yona kuni: kwinnyama yazo aniyi
kudhla, nesidumbu sazo aniyi kusicuku-
misa.

9 Ezi niya kuzidhla kwezo zonke ezise-
manzini: zonke ezinamapiko nenkwetu
niya kuzidhla. 10 Kodwa zonke ezingena-
mapiko nenkwetu aniyi kuzidhla; zincolile
zona kuni.

11 Zonke intaka ezicocekileyo niya ku-
zidhla. 12 Kodwa ezi zeningayi kudhla
kuzo: ukozi, nengqanga, nonomakwezano,
13 nesanxa, nexalanga limhlope, nexalanga
limnyama ngemmilo yalo; 14 nabo bonke
onomyai ngemmilo yabo; 15 nenciniba,
nondebeza, nogwidi, nonkloyiya ngemmilo
yake; 16 nesikova, nentsikizi, nelowe,
17 nennewangube, nengqo, nokwalimanzi,
18 neraside, noqimgqoshe ngemmilo yake,
noboboyi, nelulwane.



University of Fort Hare

19 Kanjalo zonke izinambuzane ezina-
mapiko zoba yintshontsho kuni ; aziyi
kudhliwa. 20 Zonke intaka ezicocekileyo
ningazidhla.
21 Aniyi kudhla nasinye isidumbu : uya
kusinika kowasemzini opakati kwamasango
ako, ukuba asidhle yena ; umhlaumbi
ungatengisa ngaso kowolunye uhlanga ;
ngokuba ningabantu abangcwele nina KU-
YEHOVA, UTIXO wenu.
Musa ukupeka itakane lebokwe elubi-
sini lwonina.
22 Uya kunika ngennyaniso izishumi
zako zonke ukuvelisa kwembewu yako,
epumayo entsimini umnyaka ngomnyaka.
23 Wauya kutya pambi KWOYEHOVA, UTIXO
wako, endaweni aya kuyinyula ukuba
alimise igama lake kona, isishumi senuqo-
lowa yako, eseveyine yako, neseoli yako,
namazibulo enkomo zako nawegusha zako ;
ukuze ufunde ukwoyika UYEHOVA, UTIXO
wako, imihla yonke.
24 Naxeshekweni indhlela inde kuwe,
ukuba ukohliwe kukusitwala, ngokuba
ikude nawe indawo aya kuyinyula UYE-
HOVA, UTIXO wako, ukuba alibeke igama
lake kona ; nxa akutamsanqeleyo UYEHOVA,
UTIXO wako : 25 uya kwandula usanane
ngemali, uyibope imali leyo esandhleni
sako, uye kulondawo, UYEHOVA, UTIXO wako,
aya kunyula yona ; 26 uze unike imali
leyo ngennxa yako konke ukukanukayo
umpefumlo wako, ngennxa yenkomo, na-
ngennxa yegusha, nangennxa yeveyine,
nangennxa yoselo olunamandhla, nangen-
nxa yako konke umpefumlo wako ukubiza
kuwe ; wauya kutya apo pambi KWOYEHOVA,
UTIXO wako, uvuye nokuvuya, wena nen-
dhlu yako : 27 nom-Levi opakati kwama-
sango ako akuyi kumshiya ; ngokuba ku-
ngeko kuye isabelwa nelifa kunye nawe.
28 Ekupeleni kweminyaka mitatu uya
kukupa sonke isishumi senzuzo yako, kwa
ngomnyaka lowo, usibekele pakati kwa-
masango ako : 29 ukuba makuze um-Levi,
(ngokuba kungeko kuye isabelwa nelifa
kunye nawe,) nowasemzini, nenkeda-
ma, nomhlolokazi, abapakati kwamasango
ako, badhle bahlute nokuhluta ; ukuze U-
YEHOVA, UTIXO wako, akutamsanqele kuwo
wonke umsebenzi wesandhla sako owe-
nzayo.

15 EKUPELENI kweminyaka esixenxe
uya kukwenza ukuyeka. 2 Yiyo le
indawo yokuyeka : Osukuba engumboleki,
obolekayo ummelwane wake *into*, makayi-
yeke ; akayi kuyibanga kummelwane wake
nakumzalwana wake, ngokuba kubizwa
ngokuti kukuyeka ngennxa YOYEHOVA. 3
Owolunye uhlanga unga*yi*banga kuye :
kanti oko unako kumzalwana wako, isa-
ndhla sako sokuyeka ; 4 *kungenjalo* kupela,
nxa kungayi kubako kuwe olihlwempu ;
ngokuba UYEHOVA eya kukolisa ukukuta-
msanqela elizweni, ulipiwayo NGUYEHOVA,
UTIXO wako, libe lilifa, ukuba ulifuye : 5
ukuba kodwa uyakutala ukupulapula ilizwi
LIKAYEHOVA, UTIXO wako, uze ulumkele
ukuyenza yonke lemiyalelo endikuyalelayo
namhla. 6 Ngokuba UYEHOVA, UTIXO wako,
eya kukutamsanqela, njengokuba etshilo
kuwe : wauya kuboleka inklanga ezininzi,
kanti akuyi kuboleka *kuzo* ; kanjalo uya
kupata ubukosi pezu kwenklanga ezin-
ninzi, kanti zona aziyi kupata ubukosi
pezu kwako.
7 Xeshekweni kuya kubako kuwe oli-
hlwempu, owakubo abazalwana bako, pa-
kati kwamanye amasango ako, elizweni
lako ulipiwayo NGUYEHOVA, UTIXO wako,
akuyi kuyenza lukuni inkliziyo yako,
akuyi kufumbata isandhla sako kanjalo,
kumzalwana wako olihlwempu ; 8 koko
uya kumvulela isandhla sako ngokukolisa,
unxamele ukumboleka okwanele ukuswela
kwake okumsweleleyo. 9 Zilumkele, uku-
ba kungabiko enkliziyweni yako ilizwi
lobunginingini, lisiti : Kusondela umnyaka
wesixenxe, umnyaka wokuyeka ; lize iliso
lako libe libi ngakuye umzalwana wako
olihlwempu, ude unganiki 'nto ; andule
abize KUYEHOVA pezu kwako, kubeko kuwe
isono. 10 Uya kumnika ngennyaniso, iti
inkliziyo yako ingabi nabuhlungu wakum-
nika : ngokuba ngennxa yalendawo UYE-
HOVA, UTIXO wako, eya kukutamsanqela
kuyo yonke imisebenzi yako, nakuko konke
usolulela kona isandhla sako. 11 Ngokuba
ihlwempu lingayi kupela pakati kweli-
zwe ; ngako oko ndikuyalela ngokuti : Ko-
lisa ukuvula isandhla sako kumzalwana
wako, kudwai lwako nakwihlwempu lako
elizweni lako.
12 Xeshekweni kutengiswa kuwe um-
zalwana wako, um-Hebere, umhlaumbi um-
Heberekazi, okukonza iminyaka emitanda-
tu ; uya kwandula ngomnyaka wesixenxe
umndulule ekululekile kuwe. 13 Naxe-
shekweni umndululayo ekululekile kuwe,



University of Fort Hare
Together in Excellence

akuyi kumndulula engenanto: 14 uya
kukolisa ukumtwesa emhlambini wako,
nasesibayeni sako sokubula, nasesincineze-
lweni sako seveyine: *kuko* oko UYEHOVA,
UTIXO wako, akutamsanqele ngako, uya
kumnika. 15 Wauya kukumbula ukuba
ubusisicaka elizweni le-Jipete, nokuba U-
YEHOVA, UTIXO wako, wakukulula: ngako
oko ndiyakuyalela lento namhla nje. 16
Kodwa kuya kuti, nxa atshoyo kuwe ukuti:
Andiyi kupuma kuwe; ngennxa yokuba
etanda wena nabendhlu yako, ngokuba
kulungile kuye enawe; 17 uya kwandula
utabate innyatyowa, uhlabe endhlebeni
yake naselucangweni, waeya kuba sisicaka
sako kude kube ngunapakade. Kanjako
isicakakazi sako uya kwenje njalo nakuso.
18 Akuyi kuba nzima emehlweni ako,
wakumndulula ekululekile kuwe; ngokuba
*ngento elingana* nokupindwa kwomvuzo
womqeshwa ekukonzile iminyaka emita-
ndatu: waeya kuti UYEHOVA, UTIXO wako,
akutamsanqele kuko konke ukwenzayo.

19 Onke amazibulo, lawo aya kuzalwa
pakati kwenkomo zako napakati kwegusha
zako, engamaduna, uya kuwenza ngcwele
KUYEHOVA, UTIXO wako; akuyi kusebenza
ngezibulo lenkomo yako, akuyi kuceba
izibulo legusha yako kanjako. 20 Uya
kulidhla pambi KWOYEHOVA, UTIXO wako,
umnyaka ngomnyaka, endaweni aya ku-
yinyula UYEHOVA, wena nabendhlu yako.

21 Koko ukuba kuko isonakalo kulo,
*ukuba* sisiqwala umhlaumbi yimfama, *ukuba*
linesinye isonakalo esibi, akuyi kubinge-
lela lona KUYEHOVA, UTIXO wako. 22 Uya
kulidhla pakati kwamasango ako; oncoli-
leyo nococekileyo bofana *ukulidhla kwabo*,
njengebadi nanjengexama. 23 Kupela igazi
lalo akuyi kulidhla; uya kugalela lona
pezu kwomhlaba njengamanzi.

16 YIGCINE innyanga engu-Abibe,
ubambe ipasika KUYEHOVA, UTIXO wa-
ko: ngokuba ngennyanga engu-Abibe UYE-
HOVA, UTIXO wako, wakupumisa e-Jipete,
ebusuku. 2 Ngako uya kubingela ipasika
KUYEHOVA, UTIXO wako, igusha nenkomo,
endaweni aya kuyinyula UYEHOVA, ukuba
amise igama lake kona. 3 Akuyi kudhla
kunye nayo okubiliswayo; zintsuku zisi-
xenxe uya kudhla kunye nayo izonka ezi-
ngenagwele, isonka sobunzima; (ngokuba
ubupuma elizweni le-Jipete ngobunxamo;)
ukuze uwukumbule umhla wokupuma
kwako elizweni le-Jipete, yonke imihla
yokudhla kwako ubomi. 4 Akuyi kubonwa
kuwe igwele kuyo yonke imida yako in-
tsuku zibe 'sixenxe; kanjako akuyi kusala
'*nto* kwinnyama uyibingayo ngokuhlwa,
ngosuku lwokuqala, kude kuse. 5 Aku-
ngebingele ipasika pakati kwelinye lama-
sango ako, uya kuwapiwa NGUYEHOVA, UTIXO
wako: 6 koko kulondawo uya kuyinyula
UYEHOVA, UTIXO wako, ukuba amise igama
lake *kona*, kwa lapo uya kubingela ipasika
ngokuhlwa, lakutshona ilanga, ngexesha
lokupuma kwako e-Jipete. 7 Uya kwoja
udhle nokudhla endaweni aya kunyula
yona UYEHOVA, UTIXO wako; uze ujike ku-
sasa, uye ezintenteni zako. 8 Zintsuku
ezintandatu uya kuzidhla izonka ezingena-
gwele; nangolwesixenxe usuku kwobako
inklanganisano engcwele KUYEHOVA, UTIXO
wako; akuyi kuwenza namnye umsebenzi.

9 Iveki ezisixenxe uya kuzibala kuwe;
kwakuqalwa ngerenqa ennqoloweni uya
kuqala ukubala iveki zisixenxe. 10 Wa-
ndule ubambe umtendeleko weveki KUYE-
HOVA, UTIXO wako, ngowesisa umnikelo
wesandhla sako, oya kuwunika, njengokuba
ekutamsanqele UYEHOVA, UTIXO wako: 11
wauya kuvuya pambi KWOYEHOVA, UTIXO
wako, wena, nonyana wako, nentombi
yako, nesicaka sako, nesicakakazi sako,
nom-Levi opakati kwamasango ako, nowa-
semzini, nenkedama, nomhlolokazi, abapa-
kati kwenu, endaweni aya kuyinyula UYE-
HOVA, UTIXO wako, ukuba amise igama lake
kona. 12 Wauya kukumbula ukuba ubu-
sisicaka e-Jipete; nezimiselo ezi uya kuzi-
gcina uzenze.

13 Umtendeleko wamapempe uya ku-
wubamba imihla ibe 'sixenxe, nxa ubuti-
leyo okwesibaya sako sokubula nokwesi-
ncinezelo sako seveyine: 14 wauya kuvuya
emtendelekweni wako, wena, nonyana
wako, nentombi yako, nesicaka sako, nesi-
cakakazi sako, nom-Levi, nowasemzini,
nenkedama, nomhlolokazi, abapakati kwa-
masango ako. 15 Yimihla esixenxe uya
kubamba umtendeleko KUYEHOVA, UTIXO
wako, endaweni aya kunyula yona UYE-
HOVA: ngokuba UYEHOVA, UTIXO wako, eya
kukutamsanqela kuyo yonke inzuzo yako,
nakuwo wonke umsebenzi wezandhla zako;
kukona uya kuvuya kupela.

16 Kwoba ngamaxesha matatu emnya-
keni 'mnye onke amadoda ako aya kubona-
kala ebusweni BUKAYEHOVA, UTIXO wako,



University of Fort Hare

kulondawo aya kunyula yona: ngomtende-
leko wezonka ezingenagwele, nangomte-
ndeleko weveki, nangomtendeleko wama-
pempe; kodwa akayi kubonakala ebusweni
BUKAYEHOVA engenanto: 17 *onika* amanye
ngamanye njengomnikelo wezandhla zawo,
njengetamsanqa LIKAYEHOVA, UTIXO wako,
ulipiweyo nguye.
18 Uya kuzidalela abagwebi namagosa
pakati kwawo onke amasango ako, lawo
uya kupiwa NGUYEHOVA, UTIXO wako, nge-
zizwe zako; abaya kugweba abantu ngo-
gwebo lwobulungisa. 19 Akuyi kutyekisa
ugwebo; akuyi kubuka ubuso; nebaso
akuyi kulamkela; ngokuba ibaso limfame-
kisa amehlo abalumkileyo, lijikise amazwi
abalungileyo. 20 Ubulungisa, ubulungisa
uya kubuputuma; ukuze udhle ubomi, ulifu-
ye elozwe ulipiwayo NGUYEHOVA, UTIXO wako.
21 Akuyi kuzigxumekela i-Ashera yo-
lunye uhlobo lwemiti kufupi nesibingelo
SIKAYEHOVA, UTIXO wako, oya kuzenzela
sona. 22 Kanjako akuyi kuzipakamisela
isifanekiso esimiyo; into ayitiyayo UYE-
HOVA, UTIXO wako.

17 AKUYI kubingela UYEHOVA, UTIXO
wako, inkabi, umhlaumbi igusha, eku-
kuyo isonakalo *umhlaumbi* ennye into embi:
ngokuba oko kuyintshontsho KUYEHOVA,
UTIXO wako.
2 Xeshekweni kufunyanwa pakati kwe-
nu, pakati kwelinye lamasango ako uwapi-
wayo NGUYEHOVA, UTIXO wako, indoda,
umhlaumbi umfazi, eyenzileyo inkohlakalo
emehlweni KAYEHOVA, UTIXO wako, ngoku-
gqita ucebano lwake; 3 ukuba yaya yaba-
konza otixo bambi, yatoba pantsi kubo,
umhlaumbi elangeni, umhlaumbi ennya-
ngeni, umhlaumbi kuwo wonke umkosi we-
zulu, into endingayalelanga yona; 4 kwaza
kwaxelwa kuwe, weva ke, wakolisa uku-
buza, kekaloku bona ke, kuyinnene, ku-
yinto eqinileyo, kwenziwe intshontsho
enjalo kwa-Sirayeli: 5 uya kwandula
ukupe indoda leyo umhlaumbi umfazi
lowo, abayenzileyo lento ikohlakeleyo,
bayo emasangweni ako, kwa londoda um-
hlaumbi lomfazi; wauya kubagibisela nga-
matye, bade bafe.
6 Ngomlomo wamanqina amabini, um-
hlaumbi wamanqina amatatu, uya kufiswa
lowo ofanele ukufa; akayi kufiswa ngom-
lomo wenqina linye. 7 Isandhla sama-
nqina soba pezu kwake kuqala, ukuba afi-
swe, nesandhla sabantu bonke kamva. Kwa
njalo uya kukwelelisa inkohlakalo pakati
kwenu.
8 Xeshekweni kuko into ekugwebeni
ekunqabeleyo, pakati kwegazi negazi, pa-
kati kwetyala netyala, pakati kwesibeto
nesibeto, izinto zempikisano emasangweni
ako; uya kwandula ukusuka unyukele
endaweni, aya kunyula yona UYEHOVA, U-
TIXO wako; 9 wauya kuza kubaperisite
abangaba-Levi, nakumgwebi oya kubako
ngalomihla, ubuze ke; abaya kuxela kuwe
into yokugweba: 10 wauya kwenza ngo-
kuteta kwelizwi abaya kulixela kuwe, be-
kulondawo aya kuyinyula UYEHOVA; ewe,
uya kulumkela ukwenza ngako konke
abaya kukufundisa kona: 11 ngokuteta
kwomteto abaya kukufundisa wona, na-
ngokugweba abaya kukutsho kuwe, uya
kwenza; akuyi kupambuka kwelozwi
abaya kulixela kuwe, nangasekunene na-
ngasekohlo. 12 Kanjako lowamntu oya
kwenza ngeratshi, ngokungapulapuli kum-
perisite omiyo ukukonza kona UYEHOVA,
UTIXO wako, umhlaumbi kumgwebi, kwa
umntu lowo uya kufa: wauya kukwelelisa
inkohlakalo kwa-Sirayeli; 13 bati bonke
abantu bapulapule, boyike, bangabuyi
benze ngeratshi.
14 Xeshekweni uya kufika kwelozwe
ulipiwayo NGUYEHOVA, UTIXO wako, ude
ulifuye, uhlale nokuhlala kulo, uze uti:
Ndiya kumisa ukumkani pezu kwami,
njengazo zonke inklanga ezindingqongayo;
15 uya kuqinisa ukummisa pezu kwako
abe ngukumkani, lowo aya kunyula yena
UYEHOVA, UTIXO wako; owapakati kwaba-
zalwana bako uya kummisa pezu kwako
abe ngukumkani; akungebe nako ukubeka
pezu kwako umntu wolunye uhlanga, lowo
ungenguye umzalwana wako. 16 Kodwa
akayi kuzandisela amahashe, nabantu akayi
kubabuyisela e-Jipete, ukuze kwandiswe
amahashe; ngokuba UYEHOVA etshilo kuni
ukuti: Anisayi kupinda ukubuya ngalo-
ndhlela. 17 Kanjako akayi kuzandisela
abafazi, ize ingapambuki inkliziyo yake;
akayi kuzandisela kakulu isilivere ne-
golide kananjalo. 18 Kwakuya kuti, aku-
hlala pezu kweterone yobukumkani bako,
wozibalela isipindwa salomteto ennewa-
dini, *sitatyatwa* kwa ku*leyo* epambi kwaba-
perisite abangaba-Levi; 19 esiya kuba
naye, waeya kulesesha kuso yonke imihla
yokudhla kwake ubomi; ukuze afunde



University of Fort Hare
Together in Excellence

ukwoyika UYEHOVA, UTIXO wake, agcine
onke amazwi alomteto, nezimiselo ezi,
azenze; 20 ukuba ingapakami inkliziyo
yake pezu kwabazalwana bake, nokuba
angapambuki kuwo umyalelo, nangasekunene
nangasekohlo: ukuze ayolule imihla
ebukumkanini bake, yena nonyana bake,
pakati kwo-Sirayeli.

18 ABAPERISITE abangaba-Levi, *naso*
sonke isizwe sika-Levi, abayi kuba nasabelwa
nalifa kunye no-Sirayeli: iminikelo
eyenziwa ngomlilo KAYEHOVA baya kuyidhla,
nelifa lake. 2 Ngako abayi kuba
nalifa pakati kwabazalwana babo: NGUYEHOVA
olilifa labo, njengokuba etetile kubo.
3 Eli loba libango lababaperisite livela
ebantwini, kubo ababingayo umbingo, nokuba
yinkabi, nokuba yigusha: mabanike
umperisite umkono, nezidhlele zozibini,
necabanga. 4 Isiqalo sennqolowa yako,
eseveyine yako, neseoli yako, nesiqalo soboya
obucetyiweyo begusha zako, uya kusinika
kuye. 5 Ngokuba yena UYEHOVA,
UTIXO wako, emnyulile kuzo zonke izizwe
zako, ukuba eme ukukonza egameni LIKAYEHOVA,
yena nonyana bake, imihla yonke.
6 Kanjalo xeshekweni kuvela um-Levi
kwelinye lamasango ako, kuyo yonke i-Sirayeli,
apo wabehlala kona, eze ngayo
yonke inkanuko yompefumlo wake, kulondawo
aya kuyinyula UYEHOVA; 7 andule
akonze egameni LIKAYEHOVA, UTIXO wake,
njengabo bonke abazalwana bake aba-Levi,
abemiyo kona ebusweni BUKAYEHOVA: 8
ziya kufana izabelwa baya kuzidhla, ngapandhle
kwokutengisa kwake *ngokuvela*
koyise.
9 Xeshekweni ufikileyo kwelozwe ulipiwayo
NGUYEHOVA, UTIXO wako, akuyi kufunda
ukwenza ngezinto ezibuntshontsho
zezonklanga. 10 Akuyi kufunyanwa pakati
kwenu odhlulisayo unyana wake, umhlaumbi
intombi yake, emlilweni, *n*oyinncibi
yokulaula, *n*owenza ngobugqi, notakatayo,
nosisanuse, 11 nowenza ngokunyanga,
nocebisana nomshologu, nolitola,
nobuzayo kubafileyo. 12 Ngokuba beyintshontsho
KUYEHOVA bonke abakwenje
njalo: kungennxa yezizinto ezibuntshontsho
UYEHOVA, UTIXO wako, abagqogqayo
pambi kwenu. 13 Wofezeka ukulunga ngakuye
UYEHOVA, UTIXO wako. 14 Ngokuba
ezinklanga, oya kufuya okwazo, zipulapula
kwabunzi bobugqi nakubalauli: kodwa
wena, UYEHOVA, UTIXO wako, akakuvumelanga
okunjalo.
15 UYEHOVA, UTIXO wako, wokuvusela
umprofite evela pakati kwako, kubazalwana
bako, njengami: kwa kuye niya kupulapula.
16 Njengako konke wakucelayo
KUYEHOVA, UTIXO wako, e-Horebe, ngomhla
wenklanganisano, usiti: Mandingapindi
ukuva ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO wami; nalomlilo
omkulu mandingabuyi ndiwubone,
ukuba ndingafi. 17 Waza UYEHOVA wati
kumi: Balungisile ngoko bakutetileyo.
18 Ndobavusela umprofite evela pakati
kwabazalwana babo, njengawe; namazwi
ami ndowabeka emlonyeni wake; waeya
kuteta kubo konke endiya kumyalela ngako.
19 Kwakuya kuti, lowamntu ongayi
kupulapula amazwi ami, aya kuteta wona
egameni lami, ndiya kumbuza mina.
20 Kodwa lomprofite owenza ngeratshi
ukuteta ilizwi egameni lami, endingamyalelanga
ukuliteta, nalowo oya kuteta
egameni lotixo bambi, kwa umprofite lowo
uya kufa. 21 Naxeshekweni uya kuti enkliziyweni
yako: Soti nina ukulazi ilizwi
angalitetanga UYEHOVA? 22 Okuya aya
kuteta lomprofite egameni LIKAYEHOVA,
landule lingabiko ilizwi, lingezi nokuza,
lelo ilizwi UYEHOVA angalitetanga; wateta
lona ngeratshi umprofite lowo: aniyi kwoyika
ngennxa yake.

19 XESHEKWENI UYEHOVA, UTIXO wako,
aya kuzicita inklanga, ezilizwe
UYEHOVA, UTIXO wako, alinika kuwe, uze
ulifuye esikundhleni sazo, uhlale ezixekweni
zazo nasezindhlwini zazo; 2 uya kuzahlulela
izixeko zibe zitatu pakati kwelizwe
lako, ulipiwayo NGUYEHOVA, UTIXO
wako, ukuba ulifuye. 3 Uya kuzilungisela
indhlela, uwahlule umda welizwe lako,
oya kwamkeliswa ilifa lalo NGUYEHOVA, UTIXO
wako, ezahlulweni ezitatu: kwoba
njalo ke, ukuba kusabele kona bonke abâbulali.
4 Yiyo le indawo yombulali, oya kusabela
kona, ukuba adhle ubomi: osukuba ebulala
ummelwane wake ngokungazi, lowo angamtiyanga
ngamaxesha apambili; 5 (njengokuya
aya nommelwane wake ehlatini
ukugaula imiti, sisuke isandhla sake sibete
ngezembe, ukuba anqumle umti, iti intsimbi
ijube empinini, ihle pezu kwommelwane
wake, ade afe;) oyena uya kusabela
kwesinye sezixeko ezo, adhle ubomi: 6 hleze



University of Fort Hare

umpindezeli wegazi aputume umbulali, nxa
ishushu inkliziyo yake, amfumane, ngen-
nxa yokuba indhlela ikude, ambulale ubo-
mi; kungeko kuye ityala lokufa nje, eku-
beni abengamtiyi ngamaxesha apambili.
7 Ngako oko ndiyakuyalela, ndisiti: Uya
kuzahlulela izixeko zibe zitatu.

8 Kanjako ukuba UYEHOVA, UTIXO wako,
uya kuwenza banzi umda wako, njengo-
kuba efungele oyihlo bako, akunike lonke
ilizwe wabeteta ngalo ukuba alinike ko-
yihlo bako; 9 nxa uya kugcina wonke
lomyalelo ukuba uwenze, lowo ndikuyale-
layo namhla, wokuba utande UYEHOVA, U-
TIXO wako, nokuba uhambe ezindhleleni
zake imihla yonke; uya kwandula uso-
ngeze izixeko ezitatu ngapezu kwezitatu
ezo; 10 ukuba kungapalazwa igazi longe-
natyala pakati kwelizwe lako, ulipiwayo
NGUYEHOVA, UTIXO wako, libe lilifa, lize
igazi libe pezu kwako.

11 Kodwa xeshekweni kuko umntu otiya
ummelwane wake, amlalele, asukele nga-
kuye, ambulale ubomi, ade afe; andule
asabele kwesinye sezixeko ezo; 12 boti
abadala besixeko sake batume ke, bamzeke
kona, bamnikele esandhleni sompindezeli
wegazi, ukuba afe. 13 Iliso lako aliyi
kuba nosizi pezu kwake, kodwa uya ku-
kwelelisa igazi longenatyala kwa-Sirayeli,
ukuba kulunge kuwe.

14 Akuyi kushenxisa umda womme-
lwane wako, lowo abakudala bawumisa eli-
feni lako, oya kulamkela elizweni ulipiwa-
yo NGUYEHOVA, UTIXO wako, ukuba ulifuye.

15 Inqìna linye aliyi kuvuka ngasem-
ntwini ngennxa yennye inkohlakalo, na-
ngennxa yesinye isono, kuzo zonke izono
ona ngazo: ngomlomo wamanqìna ama-
bini, umhlaumbi ngomlomo wamanqìna
amatatu, indawo iya kuma.

16 Nxa livuka inqìna lobumenemene
ngasemntwini, ukuba linqìne ngakuye im-
pambuko; 17 baya kwandula abobantu bo-
babini, ekupakati kwabo ipike, beme pambi
KWOYEHOVA, pambi kwabaperisite nabagwe-
bi, abaya kubako ngaleyomihla; 18 bati
abagwebi bakolise ukubuza: kekaloku
bona ke, *ukuba* inqìna elo linqìna elibuxoki,
*nokuba* linqìnile ubuxoki ngakuye umza-
lwana walo; 19 seniya kwenza kulo, nje-
ngokuba libe licingile ukwenza kumza-
lwana walo: kwa njalo uya kukwelelisa
inkohlakalo pakati kwenu; 20 baze aba-
seleyo beve, boyike, bangabi sapinda ukwe-
nza njengalendawo ekohlakeleyo pakati
kwenu. 21 Kanjako iliso lako aliyi kuba
nosizi; ubomi *bonikwa* ngennxa yobomi,
iliso ngennxa yeliso, izinyo ngennxa
yezinyo, isandhla ngennxa yesandhla,
unyawo ngennxa yonyawo.

20 NXA upumela ukulwa ngakuzo in-
tshaba zako, ubone amahashe, nen-
nqwelo, *n*abantu abaninzi pezu kwako,
aniyi kuboyika: ngokuba UYEHOVA, UTIXO
wako, enawe, owakunyusayo ezweni le-
Jipete. 2 Kwakuya kuti, nakuza kufupi
ekulweni, makasondele umperisite atete
ebantwini, 3 ati kubo: Pulapula, Sirayeli!
niyasondela namhla ukuza kulwa nen-
tshaba zenu; maingabi 'butataka inkliziyo
yenu, ningoyiki, ningetuki, ningabi naku-
nkwantya pambi kwazo: 4 ngokuba NGU-
YEHOVA, UTIXO wenu, ohamba nani, ukuya
kunilwela ngakuzo intshaba zenu, ukuba
anisindise.

5 Aya kwandula amagosa atete eba-
ntwini, esiti: Nguwupina umntu owakileyo
indhlu entsha, kanti akayitwasisanga? ma-
kahambe abuyele endhlwini yake, hleze afe
yena ekulweni, aze omnye umntu ayitwa-
sise. 6 Kanjako nguwupina umntu otya-
lileyo isitiya semiti yeveyine, kanti aka-
katyanga kwisiqamo saso? makahambe
abuyele endhlwini yake, hleze afe yena
ekulweni, aze omnye umntu ade atye kuso.
7 Kananjalo nguwupina umntu oxamileyo
umfazi, kanti akamzekanga? makahambe
abuyele endhlwini yake, hleze afe yena
ekulweni, aze omnye umntu amzeke. 8
Aya kupinda amagosa ukuteta ebantwini,
ati: Nguwupina umntu owoyikayo no-
nkliziyo ibutataka? makahambe abuyele
endhlwini yake, ukuba inganyibiliki inkli-
ziyo yabazalwana bake, njengeyake inkli-
ziyo. 9 Kwakuya kuti, nxa amagosa lawo
agqibile ukuteta ebantwini, aya kudala
inkosi zemikosi zikokele abantu.

10 Xeshekweni usondela esixekweni
ukuza kulwa ngakuso, uya kwandula ushu-
mayele kuso uxolo. 11 Kwakuya kuti,
ukuba siyakupendula ngoxolo, nokuba si-
yakuvulela, kuya kwandul' ukuti, bonke
abantu abafunyanwayo kuso boba ngaba-
nikeli kuwe, bakukonze. 12 Kanti ukuba
asiyi kwenza uxolo nawe, koko siya ku-
yenza nawe imfazwe, uya kwandula usi-
vingcele. 13 Waye UYEHOVA, UTIXO wako,
eya kusinikela esandhleni sako; wanya



University of Fort Hare
Together in Excellence

kubeta konke okubudoda kuso ngohla-
ngoti lwerele : 14 kodwa abafazi, nentsapo,
nenkomo, nako konke okuya kubako esixe-
kweni, lonke ixoba laso, uya kuzipangela
*ezonto;* wauya kulidhla ixoba lentshaba
zenu, olipiweyo NGUYEHOVA, UTIXO wako.
15 Uya kwenje njalo kuzo zonke izixeko
ezikude kakulu kuwe, ezingezizo ezezixeko
zenklanga ezi. 16 Kodwa ezezixeko zaba-
bantu, uzipiwayo NGUYEHOVA, UTIXO wa-
ko, zibe lilifa, akuyi kulondoloza ebomini
namnye opefumlayo : 17 koko uya kugqibe-
la ukubalahlela ekutshatyalalisweni : ama-
Hete, naba-Amori, naba-Kanane, nama-Pe-
rizi, nama-Hivi, nama-Yebusi ; njengokuba
UYEHOVA, UTIXO wako, ekuyalele : 18 ukuze
banganifundisi ukwenza ngazo zonke izinto
ezibuntshontsho zabo, abazenzileyo kotixo
babo, nize none ngakuye UYEHOVA, UTIXO
wenu.
19 Xeshekweni uya kuvingcela isixeko
imihla emininzi, ekulweni ngakuso ukuba
usibambe, akuyi kutshabalalisa imiti yaso
ngokubeta ngakuyo ngezembe : ngokuba
uya kutya kuyo ; ngako yona akuyi kuyi-
nqumla, (ngokuba imiti yasendhle ye*yoku-
dhla* kwomntu,) ukuba iyo pambi kwako
ekuvingceleni : 20 kodwa imiti uyaziyo
ukuba ayiyiyo imiti yokudhliwa, yona wo-
yitshabalalisa uyinqumle ; wauya kwaka
innqaba ngakuso isixeko esiyenzayo nawe
imfazwe, side siwe.

21 XESHEKWENI kufunyanwa ohla-
tyiweyo emhlabeni, owupiwayo NGUYE-
HOVA, UTIXO wako, ukuba uwufuye, elele
endhle, kungaziwa ubulewe ngubanina ;
2 baya kwandula ukupuma abadala bako
nabagwebi bako, baye balinganisele ezixe-
kweni ezingqongayo lowo uhlatyiweyo.
3 Kwakuya kuti, isixeko esikufupi kuye
ohlatyiweyo, kwa abadala besixeko eso bo-
tabata itokazi lenkomo, ekungasetyenzwa-
nga ngalo, elingarolanga ngeyokwe ; 4 ba-
suke abadala besosixeko behle nalo itokazi
elo, baye emlanjaneni owelayo futi, apo ku-
ngalinywanga ngakuwo, nekungahlwaye-
lwanga *kona*, balapule itokazi intamo apo
ngasemlanjaneni : 5 bandule basondele aba-
perisite, onyana baka-Levi : (ngokuba bona
ebaqashile UYEHOVA, UTIXO wako, ukukonza
kuye, nokutamsanqelisa egameni LIKAYE-
HOVA ; nangomlomo wabo kuya ku*lungiswa*
konke ukupikisana nako konke ukubeta :)
6 baye bonke abadala besixeko eso, abaku-
fupi kuye ohlatyiweyo, beya kuhlamba
izandhla zabo pezu kwetokazi elapu-
lweyo intamo emlanjaneni ; 7 batete bati :
Izandhla zetu azipalazanga eligazi, na-
mehlo etu akalibonanga : 8 baxolele abantu
bako o-Sirayeli, obakululeyo, YEHOVA !
ungabeki igazi elingenatyala pakati kwa-
bantu bako o-Sirayeli. Baya kwandula
ukuxolelwa igazi elo. 9 Kwa njalo uya
kukwelelisa igazi elingenatyala pakati
kwenu ; nxa uya kukwenza okufaneleyo
emehlweni KAYEHOVA.
10 Xeshekweni uya kupuma ukuya ku-
lwa ngakuzo intshaba zako, ati UYEHOVA,
UTIXO wako, azinikele esandhleni sako, ude
uzitimbe innxennye, 11 usuke ubone pa-
kati kwamatinjwa inkazana eyinzwakazi,
unamatele kuyo, ngokunga ungayizeka ibe
ngumfazi wako ; 12 uya kwandula uyizise
pakati kwendhlu yako ; eya kugugula in-
kloko yayo, icwele inzipo zayo ; 13 nengu-
bo yokutinjwa kwayo yoyisusa kuyo, ihlale
endhlwini yako, ililele uyise nonina in-
nyanga ipela ; woti emveni kwoko ungene
kuyo, ube yindoda yayo, iti yona ibe
ngumfazi wako. 14 Kwakuya kuti, ukuba
akukoliswa yiyo, uya kuyindulula iyo
ngomxèlo wayo ; kodwa akukuka uyitengise
ngemali, akuyi kuyikonzisa kanjako, ngen-
nxa yokuba uyitobile.
15 Xeshekweni umntu anabafazi aba-
bini, omnye otandwayo, omnye otiywayo,
abamzaleleyo onyana, kwa lowo utandwayo
nalowo utiywayo ; ukuba unyana wamazi-
bulo uba ngowotiywayo ; 16 kwoti ke,
mhlana abamkelisa onyana bake ilifa loko
anako, akangebe nakumnika unyana wota-
ndwayo ubuzibulo, ngapezu kwonyana wo-
tiywayo, ongowamazibulo : 17 koko owa-
mazibulo, unyana wotiywayo, uya kum-
vuma, ngokumnika into epindiweyo kuko
konke okuya kufunyanwa kuye : ngokuba
yena esisiqalo sokwomelela kwake ; ibango
lobuzibulo lilelake.
18 Xeshekweni umntu anonyana onen-
kani, ongenakuva, ongapulapuliyo elizwini
loyise, naselizwini lonina, oti, bakuba
bemohlwayile, angapulapuli kubo noko ;
19 baya kwandula bambambe uyise nonina,
bapume naye baye kubadala besixeko sake,
nasesangweni lendawo yake ; 20 babeya
kuti kubadala besixeko sake : Unyana wetu
lo ungonenkani nongevayo, akapulapuli
elizwini letu ; ungozinxalayo nonxilayo.
21 Aye onke amadoda esixeko sake eya



University of Fort Hare

inkazana akuyi kuyenza 'nto; akuko kuyo inkazana isono sokufa: ngokuba njengokuya indoda isukela ummelwane wayo, imbulale ubomi, ikwa njalo lendawo: 27 ngokuba ibiyifumana isendhle; yakala ke inkazana exanyiweyo, koko bekungeko owayisindisayo.

28 Xeshekweni indoda ifumana inkazana eyintombi ipela, engeyiyo exanyiweyo, ize iyibambe, ilale nayo, bafunyanwe ke; 29 yoti indoda eleleyo nayo inike uyise wenkazana *ishekele* zesilivere zibe ngamashumi mahlanu, iti yona ibe ngumfazi wayo, ngennxa yokuba iyitobile; ayingeyindulule yonke imihla yayo.

30 Indoda ayiyi kuzeka umfazi kayise, nesondo *lengubo* yoyise ayiyi kulityila.

23 OLINYAZIWE ngokutenwa, umhlaumbi onqanyulweyo isidoda, akayi kungena emhlambini KAYEHOVA. 2 Ongumntwana wesisu akayi kungena emhlambini KAYEHOVA; kwa eseshumi isizukulwana sake asiyi kungena emhlambini KAYEHOVA. 3 Um-Hamoni, umhlaumbi um-Mowabi, akayi kungena emhlambini KAYEHOVA; kwa eseshumi isizukulwana sabo asiyi kungena emhlambini KAYEHOVA kude kube ngunapakade: 4 ngendawo yokuba bebengezi nesonka namanzi ukunikaulela endhleleni, nakupuma e-Jipete; nokuba bebemqesha ngakuni u-Bilame, unyana ka-Behori, owase-Petore e-Mesopotami, aze akuqalekise. 5 Noko ebengavumi UYEHOVA, UTIXO wako, ukupulapula ku-Bilame; kodwa UYEHOVA, UTIXO wako, wakuguqulela isiqalekiso sibe litamsanqa, ngennxa yokuba UYEHOVA, UTIXO wako, ebekutanda. 6 Akuyi kufuna uxolo lwabo nokulunga kwabo yonke imihla yako kude kube ngunapakade. 7 Akuyi kumzonda um-Edome; ngokuba engumzalwana wako yena: akuyi kumzonda um-Jipete; ngokuba ubungowasemzini elizweni lake. 8 Abantwana abazelweyo ngabo, abesesitatu isizukulwana baya kungena emhlambini KAYEHOVA.

9 Xeshekweni kupuma umkosi ngakuzo intshaba zako, zibambe ke kuzo zonke izinto ezikohlakeleyo. 10 Xeshekweni kuko pakati kwenu indoda, engacocekileyo ngennxa yokuyihlileyo ebusuku, yona iya kupuma iye ngapandhle kwomnquba, ayiyi kungena pakati kwomnquba: 11 koko kuya kuti, xa kuza kuhlwa, iya kuhlamba emanzini; naxeshekweni kutshonile ilanga, iya kungena pakati kwomnquba. 12 Kanjako uya kuba nendawo ngapandhle kwomnquba, apo uya kupumela kona endhle: 13 wauya kuba nolugxa, ngapezu kwempahla yako; kwakuya kuti, wakuhlala pantsi endhle, uya kupanda ngalo, uze ujike, uselele okupumayo kuwe: 14 ngokuba UYEHOVA, UTIXO wako, ehamba pakati kwomnquba wako, ukuba akusindise, nokuba azinike intshaba zako ebusweni bako; ngako umnquba wako woba ngcwele, aze angaboni pakati kwako into ehlazekileyo, andul' ukubuya kuwe.

15 Akuyi kunikela isicaka kwinkosi yaso, esisindileyo enkosini yaso ukuza kuwe: 16 sohlala kuwe, pakati kwenu, kulondawo siya kuyinyula kwelinye lamasango ako, apo kusilungeleyo kona: akuyi kusibandezela.

17 Akuyi kubako ingnawokazi pakati kwentombi zakwa-Sirayeli; kanjalo akuyi kubako ingnawo pakati kwonyana bakwa-Sirayeli. 18 Akuyi kungenisa umvuzo wengnawokazi nexabiso lenja endhlwini KAYEHOVA, UTIXO wako, ngennxa yaso nasinye isibambiso: ngokuba ziyintshontsho KUYEHOVA, UTIXO wako, kwa zombini.

19 Akuyi kuboleka umzalwana wako ngennxa yayo inzuzo; inzuzo yemali, inzuzo yokutya, inzuzo yennye into kubolekwa ngayo ngennxa yenzuzo: 20 owasemzini ungamboleka ngennxa yenzuzo, kodwa umzalwana wako akuyi kumboleka ngennxa yenzuzo; ukuze UYEHOVA, UTIXO wako, akutamsanqele kuko konke usolulela kona isandhla sako, elizweni apo uya kona ukulifuya.

21 Xeshekweni uya kubambisa ngesibambiso KUYEHOVA, UTIXO wako, akuyi kulibala ukusihlaula: ngokuba UYEHOVA, UTIXO wako, eya kusibiza kuwe ngennyaniso, kwandule kubeko kuwe isono. 22 Kanti nxa uyekayo ukubambisa, akuyi kubako kuwe isono. 23 Oko kupumayo emlonyeni wako, uya kubamba kona ukwenze; njengokuya ubambisile KUYEHOVA, UTIXO wako, ngomnikelo wesisa, owutetileyo ngomlomo wako.

24 Xeshekweni uzayo esitiyeni sommelwane wako, ungazidhla idreyive ngokwomxèlo wako, ude uhlute; kodwa akuyi kubeka esityeni sako. 25 Xeshekweni uzayo ennqoloweni yommelwane wako, ungazika izikwebu ngesandhla sako; kodwa musa kushukumisa irenqa ngakuyo innqolowa yommelwane wako.



University of Fort Hare

28 KWAKUYA kuti, ukuba uya kuku-
tala ukupulapula ilizwi LIKAYEHOVA,
UTIXO wako, lokuba ulumkele ukuyenza
yonke imiyalelo yake endikuyalelayo nam-
hla, uya kwandula UYEHOVA, UTIXO wako,
akubeke pezulu pezu kwazo zonke inkla-
nga zomhlaba. 2 Kanjalo onke lamata-
msanqa oza pezu kwako, akufumane, xe-
shekweni upulapulayo ilizwi LIKAYE-
HOVA, UTIXO wako. 3 Wotanyusanqelwa
esixekweni, wotanyusanqelwa nasentsi-
mini. 4 Kwotanyusanqelwa isixakato se-
sizalo sako, nesiqamo somhlaba wako,
nesixakato sezilo zako, inzalo yemazi zako,
nemihlambi yegusha zako. 5 Kwotanyu-
sanqelwa isitya sako nomkombe wokubuca
wako. 6 Wotanyusanqelwa ekungeneni
kwako, wotanyusanqelwa nasekupumeni
kwako. 7 UYEHOVA uya kuzenza intshaba
zako ezivukayo ngakuwe zoyiswe pambi
kwako: ngendhlela innye ziya kupumela
kuwe, nangendhlela ezisixenxe ziya kwe-
saba pambi kwako. 8 UYEHOVA woxela
ukuba itamsanqa libe nawe ezinnyangweni
zako, nakuko konke usolulela kona isa-
ndhla sako; waeya kukutamsanqela elizweni
ulipiwayo NGUYEHOVA, UTIXO wako. 9 UYE-
HOVA wokumisa ube ngabantu abangcwele
kuye, njengokuba ekufungele, xeshekweni
uya kugcina imiyalelo KAYEHOVA, UTIXO
wako, uhambe nokuhamba ezindhleleni
zake. 10 Baye bonke abantu bomhlaba
beya kubona ukuba igama LIKAYEHOVA li-
biziwe pezu kwako; bandule boyike ngen-
nxa yako. 11 Kanjalo UYEHOVA woku-
tyebisa kube kokulungileyo, ngesixakato
sesizalo sako, nangesixakato sezilo zako,
nangesiqamo somhlaba wako, emhlabeni
UYEHOVA wayefungela oyihlo bako ukuba
awunike kuwe. 12 UYEHOVA wokuvulela
imbekelo yake elungileyo, izulu, ukunisa
imvula elizweni lako ngexesha layo, noku-
tamsanqela wonke umsebenzi wesandhla
sako; wauya kuboleka inklanga ezininzi,
kanti wena akuyi kuboleka *kuzo*. 13 Ka-
njalo UYEHOVA uya kukwenza ube yinklo-
ko, ungabi ngumsila; woba pezulu kupela,
akuyi kuba pantsi; uxa upulapula imiya-
lelo KAYEHOVA, UTIXO wako, endikuyalelayo
namhla, ukuyigcina nokuyenza: 14 uze
ungapambuki kuwo onke amazwi endiku-
yalelayo namhla, nangasekunene nangase-
kohlo, ukuya kulandela otixo bambi ukuba
ubakonze.
15 Kodwa kuya kuti, xa ungayi kupula-
pula ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO wako, lo-
kuba ulumkele ukuyenza yonke imiyalelo
yake nemimiselo yake, endikuyalelayo
namhla; kuya kwandula kuze pezu kwako
zonke iziqalekiso ezi, zikufumane. 16 Wo-
qalekiswa esixekweni, woqalekiswa nasen-
tsimini. 17 Kwoqalekiswa isitya sako
nomkombe wokubuca wako. 18 Kwoqa-
lekiswa isixakato sesizalo sako, nesiqamo
somhlaba wako, inzalo yemazi zako, nemi-
hlambi yegusha zako. 19 Woqalekiswa
ekungeneni kwako, woqalekiswa naseku-
pumeni kwako. 20 UYEHOVA uya kutuma
pezu kwako isiqalekiso, impitizeliso, neso-
hlwayo, kuko konke usolulela kona isandhla
sako ukuba ukwenze; ude utshatyalaliswe,
nakude ubube kamsinyane, ngennxa yen-
kohlakalo yezenzo zako, ondishiyileyo nga-
zo. 21 UYEHOVA uya kwenza isifo esibubi-
sayo sinamatele kuwe, ade akugqibele pezu
kwomhlaba, apo uya kona ukuwufuya. 22
UYEHOVA wokubeta ngokungcungcuteka,
nangecesine, nangesitsha, nangobushushu
obukulu, nangokwoma, nangembabala, na-
ngesihumba, eziya kukuputuma ude ubube.
23 Izulu lako, elipezulu kwenkloko yako,
loba lubedu, nomhlaba wako, opantsi kwa-
ko, wona woba sisincete. 24 UYEHOVA uya
kwenza imvula yelizwe lako ibe yinklabati
notuli; yohla ezulwini pezu kwako, ude
utshatyalaliswe. 25 UYEHOVA uya kukwe-
nza woyiswe pambi kwentshaba zako;
ngendhlela innye wopumela kuzo, nangen-
dhlela zisixenxe uya kwesaba pambi kwa-
zo; wauya kuba yinto yokuzanyazanyiswa
kubo bonke ubukumkani bomhlaba. 26
Kanjalo isidumbu sako soba kukutya kuzo
zonke intaka zezulu, nakuwo amaramncwa
omhlaba, kungeko oya kuzoyikisa. 27 U-
YEHOVA wokubeta ngezilonda zase-Jipete,
nangamatumba, nangokwekwe, nangomba-
bane, oya kukohlwa ukupiliswa kuzo. 28
UYEHOVA wokubeta ngobugeza, nangobu-
mfama, nangesiduli senkliziyo; 29 wauya
kuputaputa emmini, njengokuba imfama
iputaputa ebumnyameni, nendhlela zako
akuyi kuzitamsanqelekisa; kodwa uya ku-
bandezelwa upangwe nokupangwa kupela
imihla yonke, kungeko oya kusindisa. 30
Uya kuxama umfazi, kanti indoda yimbi
iya kulala naye; uya kuyaka indhlu, kanti
akuyi kuhlala kuyo; uya kutyala isitiya
semiti yeveyine, kanti idreyive zaso akuyi
kuzidhla. 31 Inkabi yako iya kuxèlwa
pambi kwamehlo ako, kanti akuyi kutya



University of Fort Hare

kuyo ; iqwarashe lako liya kuhlaselwa
kwa sebusweni bako, lingabuyi lize kuwe :
igusha zako ziya kunikwa ezintshabeni
zako, kungeko kuwe oya kusindisa. 32
Onyana bako nentombi zako baya kunikwa
ebantwini bambi, aze amehlo ako akangele,
apelele bona immini yonke ; kanti akuyi
kubako 'nto emandhleni esandhla sako.
33 Isiqamo somhlaba wako, nayo yonke
inzuzo yako, baya kuyidhla abantu onga-
baziyo ; wauya kubandezelwa utyunyuzwe
nokutyunyuzwa kupela imihla yonke ; 34
ude ugeze ngennxa yombono wamehlo ako
oya kuwubona. 35 UYEHOVA wokubeta
ngezilonda ezibi, emadolweni nasemile-
nzeni, oya kukohlwa ukupoliswa kuzo, kwa
kuwo umzantsi wonyawo lwako kude kube
selukakayini lwako. 36 UYEHOVA uya
kukusa wena, nokumkani wako oya kum-
misa pezu kwako, eluhlangeni ongalwaza-
nga wena noyihlo bako ; apo uya kukonza
kona otixo bambi, imiti namatye. 37
Wauya kuba sisimangaliswa, nento yoku-
zekeliswa, nelizwi lokuhlekisa, pakati kwa-
bo bonke abantu apo UYEHOVA aya kuku-
qùbela kona. 38 Uya kupuma nembewu
enninzi ukuya entsimini, kanti yinto en-
ncinane uya kuyivuna ; ngokuba inkumbi
ziya kuyigqibela. 39 Uya kutyala izitiya
zemiti yeveyine, uzilime kanjalo, kanti ive-
yine akuyi kuyisela, n*edreyire* akuyi kuzi-
buta ; ngokuba uruxeshe eya kuzidhla. 40
Woba nemiti yeminquma kuyo yonke imi-
da yako, kanti akuyi kuzitambisa ngeoli
*yayo* ; ngokuba iminquma yako iya kuvu-
tuluka. 41 Onyana nentombi uya kuba-
zala, kanti abayi kuba ngabako ; ngokuba
beya kuya ekutinjweni. 42 Yonke imiti
yako neziqamo zomhlaba wako inkumbi
ziya kuzidhla. 43 Owasemzini opakati
kwako uya kunyuka pezu kwako ngokupe-
zulu kakulu ; kanti wena uya kuhla ngo-
kupantsi kanye. 44 Yena wokuboleka,
kanti akuyi kumboleka wena ; yena woba
yinkloko, kanti wena woba ngumsila.

45 Kanjako zonke eziziqalekiso ziya
kuza pezu kwako, zikuputume, zikufu-
mane, ude utshatyalaliswe ; ngokokuba
ungapulapulanga ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO
wako, lokuba ugcine imiyalelo yake nemi-
miselo yake akuyalele ngayo. 46 Zoba
pezu kwako zibe ngumqondiso nommanga-
liso, napezu kwenzalo yako kude kube
ngunapakade. 47 Ngennxa yokuba u-
ngamkonzanga UYEHOVA, UTIXO wako, ngo-
vuyo, nangokuewayita kwenkliziyo, ebuni-
nzini bezinto zonke ; 48 kukona uya ku-
konza intshaba zako, aya kuzituma UYEHOVA
ngakuwe, ekulambeni, nasekunxanweni,
nasebuzéni, nasekusweleleni kwento zo-
nke : waeya kubeka iyokwe yesincete pezu
kwentamo yako, ade akutshabalalise. 49
UYEHOVA uya kuzisa ngakuwe uhlanga
luvela kude, kwa sennceameni yomhlaba,
njengokuba lubaleka ukozi ; uhlanga olu-
nteto ungayi kuyiva ; 50 uhlanga olulukuni
ngobuso, olungayi kubuka ubuso bomdala,
nomtsha aluyi kumpata ngofefe ; 51 oluya
kusidhla isixakato sezilo zako, nesiqamo
somhlaba wako, ude utshatyalaliswe ; olu-
ngayi kukushiyela innqolowa, *n*eveyine,
neoli, *n*enzalo yemazi zako, nemihlambi
yegusha zako, lude lukububise. 52 Lwa-
luya kukuvingcela kuwo onke amasango
ako, zide ziwe pantsi indonga zako ezinde
ezinqatyisiweyo, obutemba kuzo, kulo lo-
nke ilizwe lako ; ewe, lwokuvingcela kuwo
onke amasango ako, kulo lonke ilizwe lako
ulipiweyo NGUYEHOVA, UTIXO wako. 53
Wauya kutya isixakato sesizalo sako, in-
nyama yonyana bako neyentombi zako,
ubanikiweyo NGUYEHOVA, UTIXO wako, eku-
vingcelweni, nasekuxinezelweni, eziya ku-
kuxinezela ngako intshaba zako. 54 Lo-
ndoda itambileyo pakati kwako, ebubetye-
betye kakulu, iliso layo loba libi ngakuye
umzalwana wayo, nangakuye umfazi wase-
sifubeni sayo, nangakuso isisalela saba-
ntwana bayo iya kubasalisa ; 55 ide inga-
niki namnye kubo kwinnyama yabantwana
bayo iya kubatya, ngennxa yokuba kunge-
ko 'nto emshiyelweyo ; ekuvingcelweni,
nasekuxinezelweni, eziya kukuxinezela
ngako intshaba zako kuwo onke amasango
ako. 56 Lomfazi otambileyo pakati kwa-
ko, obubetyebetye, obengayi kulinga uku-
ba abeke umzantsi wonyawo lwake emhla-
beni, ngobubetyebetye nangokutamba, iliso
lake loba libi ngakuyo indoda yasesifubeni
sake, nangakuye unyana wake, nangakuyo
intombi yake, 57 nangakuwo umkaya opu-
mayo pakati kwennyawo zake, nangakubo
abantwana bako aya kubazala ; ngokuba
eya kubatya ngasese, ngokusweleka kwento
zonke, ekuvingcelweni, nasekuxinezelwe-
ni, eziya kukuxinezela ngako intshaba
zako emasangweni ako.

58 Ukuba akuyi kulumkela ukwenza
ngawo onke amazwi alomteto, abaliweyo
kulennewadi, ukuze uloyike eligama libu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngcwalisa neloyikekayo, UYEHOVA, UTIXO
wako; 59 uya kwandula UYEHOVA enze
izibetwa zako nezibetwa zenzalo yako zibe
ngummangaliso; izibetwa ezikulu ezisisi-
makade, nemikuhlane emibi esisimakade.
60 Waeya kujikisa pezu kwako zonke izifo
zase-Jipete, ezo ubuzoyika, eziya kunama-
tela kuwe. 61 Kanjalo yonke imikuhlane,
nazo zonke izibeto, ezingabàliweyo en-
ncwadini yalomteto, wozihlisa UYEHOVA
pezu kwako, ude utshatyalaliswe. 62 Na-
niya kushiywa ningabantu abancinane, en-
daweni yokuba nibe ninjengenkwenkwezi
yezulu ukuba baninzi; ngokuba ungapula-
pulanga ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO wako.
63 Kwakuya kuti, njengokuba UYEHOVA
ebegcoba pezu kwenu ukunenzela okulu-
ngileyo nokunandisa, kwa njalo UYEHOVA
wogcoba pezu kwenu ukunibubisa nokuni-
tshabalalisa; naniya kudonyulwa elizweni,
apo uya kona ukuba ulifuye. 64 Kanjalo
UYEHOVA wokuti sa pakati kwenklanga
zonke, kwa kwennye inncame yomhlaba
kude kube kwennye inncame yomhlaba;
wauya kukonza apo otixo bambi, abo u-
ngabazanga wena noyihlo bako, imiti na-
matye. 65 Napakati kwabaheyideni abo
akuyi kuba nakwonwaba; kanjako umza-
ntsi wonyawo lwako awuyi kuba naku-
pumla: ngokuba UYEHOVA eya kukunika
apo inkliziyo yokungcangcazela, nokupela
kwamehlo, nokucubuka kwompefumlo. 66
Ubomi bako bojinga pambi kwako; uya
kwoyika ebusuku nasemmini, ungatembi
ebomini bako nje. 67 Ngokusa uya kuti:
Akwaba bekukukuhlwa! nangokuhlwa
woti: Akwaba bekukukusa! ngennxa yo-
kwoyika kwenkliziyo yako uya kwoyika
ngako, nangennxa yombono wamehlo ako
uya kuwubona. 68 Waye UYEHOVA eya
kukubuyisela e-Jipete ngennqanawa, ngen-
dhlela endandisiti kuwe: Akusayi ku-
pinda uyibone; naniya kutengiselwa apo
ezintshabeni zenu nibe ngamakoboka na-
makobokakazi, kanti akuyi kubako *oni-
tengayo*.

29 NGAWO la amazwi ocebano, olo U-
YEHOVA wamyalela u-Mosesi ukuba
alwenze nosapo luka-Sirayeli ezweni le-
Mowabi, ngapandhle kwocebano wabelwe-
nzile nalo e-Horebe.
2 Waza u-Mosesi wabiza o-Sirayeli bo-
nke, wati kubo:
Nikubonile konke akwenzileyo UYEHOVA
pambi kwamehlo enu, elizweni le-Jipete,
ku-Faro, nakuzo zonke izicaka zake, na-
kulo lonke ilizwe lake; 3 ezozilingelo
zikulu amehlo ako azibonileyo, imiqondiso,
naleyo imimangaliso mikulu: 4 kodwa U-
YEHOVA akanipanga inkliziyo yokuqiqa,
namehlo okubona, nendhlebe zokuva, kwa-
da kwanamhla nje. 5 Ndinihambisile imi-
nyaka ingamashumi mane kulenklango:
izivato zenu azigugang a pezu kwenu, nesi-
hlangu sako asigugang a elunyaweni lwako.
6 Isonka anisidhlanga, neveyine notywala
aniziselanga; ukuze nikwazi ukuba ndi-
NGUYEHOVA, UTIXO wenu.
7 Kekaloku sakufika kulendawo, kwa-
puma u-Sihone, ukumkani we-Heshebone,
no-Hogi, ukumkani we-Bashane, ukuza
kusikaulela ukuba kuliwe; saza sababeta:
8 nelizwe labo salibamba, salinika libe
lilifa kuma-Rubene, nakuma-Gadi, nakwi-
siqingata sesizwe sika-Manase. 9 Wagci-
neni ngoko amazwi ocebano olu, nenze
ngawo, ukuze nilungiseke kuko konke eni-
kwenzayo.
10 Nimi namhla nonke ebusweni BUKA-
YEHOVA, UTIXO wenu: inkloko zenu zezizwe
zenu, abadala benu, namagosa enu, onke
amadoda akwa-Sirayeli; 11 intsapo zenu,
abafazi benu, nowasemzini wako opakati
kwomnquba wako, kwa kulowo ogaula
inkuni yako kude kube kulowo oka amanzi
ako: 12 ukuba ungene elucebanweni LUKA-
YEHOVA, UTIXO wako, nasesifungweni sake,
olo UYEHOVA, UTIXO wako, ulwenza nawe
namhla; 13 ukuze akumise namhla ube
ngabantu kuye, nokuba yena abe NGUTIXO
kuwe, njengokuba etshilo kuwe, nanjengo-
kuba efungele oyihlo bako, u-Abrahame,
u-Yisake, no-Yakobi.
14 Kanjako andilwenzi nani nodwa uce-
bano olu, nesifungo esi; 15 koko *ndilwenza*
nalowo okoyo apa nati, emi namhla ebu-
sweni BUKAYEHOVA, UTIXO wetu, kwa nalowo
ongekoyo apa nati namhla: 16 (ngokuba
nikwazi nina okokuba sibe sihlala ezweni
le-Jipete, nokokuba sacanda pakati kwen-
klanga enanicanda kuzo: 17 nezinto zazo
ezizondekayo nizibonile, kwa izitixwana
zazo, imiti namatye, isilivere negolide,
ezibe zinazo:) 18 hleze kubeko pakati
kwenu indoda, umhlaumbi umfazi, um-
hlaumbi isizalwane, umhlaumbi isizwe,
leyo inkliziyo yayo ijika namhla KUYE-
HOVA, UTIXO wetu, ukuya kukonza otixo
benklanga ezi; hleze kubeko pakati kwenu



University of Fort Hare

ingeambo ehlanzayo umfuno onobuhlungu
nomhlonyane; 19 kuze kuti ke, yakuva
amazwi esifungo esi, izitamsanqele enkli-
ziyweni yayo, isiti: Ndoba noxolo, nakuba
ndihambayo ngobulukuni benkliziyo yami,
ukuze ndongeze ukunxila pezu kwoku-
nxanwa. 20 UYEHOVA akayi kuvuma uku-
yixolela, kodwa oko kuya kuquma ingqu-
mbo KAYEHOVA nobukwele bake ngakuyo
indoda leyo, nazo zonke iziqalekiso ezibà-
liweyo kulencwadi ziya kulala pezu kwa-
yo; waye UYEHOVA eya kucima igama layo
ngapantsi kwezulu. 21 Kanjalo UYEHOVA
uya kuyahlulela ebubini kuzo zonke izi-
zwe zo-Sirayeli, njengazo zonke iziqalekiso
zocebano olubàliweyo encwadini yalo-
mteto.

22 Siya kwandula siti isizukulwana esi-
landelayo, abantwana benu abaya kuvuka
emva kwenu, nowasemzini oya kuvela
ezweni elikude, bakubona izibetwa zelizwe
elo, nemikuhlane yalo UYEHOVA alibule-
leyo ngayo; 23 wonke umhlaba walo uyi-
sufure, netyuwa, nokutsha nje, ungahlwa-
yelwa, ungahlumisi nokuhlumisa, inga-
pumi kuwo nanye imca, njengasekuci-
tweni kwe-Sodome ne-Gomora, kwe-Adema
ne-Tseboyime, owazicitayo UYEHOVA ngen-
gqumbo yake nangomsindo wake: 24 ziya
kuti kwa zonke inklanga: Kungenxa
yanina enzileyo UYEHOVA njengokunjalo
kwelilizwe? buti nina ubushushu bale-
ngqumbo enkulu? 25 Kwakuya kutiwa:
Kungenxa yokuba bashiyile ucebano LU-
KAYEHOVA, UTIXO woyise babo, owabelwe-
nza nabo akuba ebapumisile ezweni le-
Jipete: 26 ngokuba beyile bakonza otixo
bambi, batoba pambi kwabo, otixo ababe-
ngabazi nabengababelanga kubo: 27 nga-
ko yavuta ingqumbo KAYEHOVA ngakulo
elolizwe, kuze kuziswe pezu kwalo zonke
iziqalekiso ezibàliweyo kulencwadi: 28
waza UYEHOVA wabancotula emhlabeni wa-
bo, ngengqumbo, nangomsindo, nangobu-
ralarume obukulu, wabaposa elizweni
limbi, njengokuba *kunjalo* namhla nje.

29 Izinto ezifihlakeleyo ZEZIKAYEHOVA,
UTIXO wetu; kodwa ezo zityiliweyo zezetu,
nezabantwana betu, kude kube ngunapa-
kade, size siwenze onke amazwi alomteto.

30 Kwakuya kuti, xeshekweni zonke ezi-
zinto ziya kuza pezu kwako, itamsa-
nqeliso nesiqalekiso, endizibekileyo pambi
kwako, wandule uzikumbulele enklizi-
yweni yako pakati kwazo zonke inklanga,
apo akugxotele kona UYEHOVA, UTIXO wako,
2 ude uguqukele KUYEHOVA, UTIXO wako,
ulive ilizwi lake njengako konke endiku-
yalelayo namhla, wena nabantwana bako,
ngayo yonke inkliziyo yako, nangawo
wonke umpefumlo wako; 3 woti UYEHOVA,
UTIXO wako, abuyise ukutinjwa kwako, abe
netaru pezu kwako, abuye akubute kuzo
zonke inklanga, apo akute sa UYEHOVA,
UTIXO wako, kona. 4 Ukuba kwobako aba-
gxotiweyo bako esipelweni sezulu, kwa
kona apo UYEHOVA, UTIXO wako, wokubuta,
nakona apo wokutabata: 5 waye UYEHOVA,
UTIXO wako, eya kukuzisa elizweni ababeli-
fuya oyihlo bako, wauya kulifuya; kanjalo
wokwenzela okulungileyo, akwandise nga-
pezu kwoyihlo bako. 6 Waye UYEHOVA,
UTIXO wako, eya kwalusa inkliziyo yako,
nenkliziyo yenzalo yako, ukuba umtande
UYEHOVA, UTIXO wako, ngayo yonke inkli-
ziyo yako, nangawo wonke umpefumlo
wako, ukuze ubudhle ubomi. 7 Kanjako
UYEHOVA, UTIXO wako, wobeka zonke iziqa-
lekiso ezi pezu kwentshaba zako, napezu
kwabatiyi bako, abakutshutshisayo. 8
Wauya kubuya wena upulapule ilizwi
LIKAYEHOVA, uyenze yonke imiyalelo yake
endikuyalelayo namhla. 9 Waye UYEHOVA,
UTIXO wako, eya kukutyebisa ngawo wonke
umsebenzi wesandhla sako, ngesixakato
sesizalo sako, nangesixakato sezilo zako,
nangesiqamo somhlaba wako, kube kokulu-
ngileyo: ngokuba UYEHOVA eya kubuya
agcobe pezu kwako *ukukwenzela* okulungi-
leyo, njengokuba wabegcoba pezu kwoyi-
hlo bako: 10 nxa uya kupulapula ilizwi
LIKAYEHOVA, UTIXO wako, lokuba uyigcine
imiyalelo yake nemimiselo yake ebàliweyo
kulencwadi yomteto; nxa uya kuguqu-
kela KUYEHOVA, UTIXO wako, ngayo yonke
inkliziyo yako, nangawo wonke umpe-
fumlo wako.

11 Ngokuba lomyalelo endikuyalela
ngawo namhla, ungakunqabeli wona, unge-
kude wona kanjako. 12 Awusezulwini,
ukuba utsho ukuti: Ngubanina oya kusi-
nyukela aye ezulwini, asitabatele wona,
ukuze siwuve, siwenze? 13 Awupesheya
kwolwandhle kanjalo, ukuba utsho ukuti:
Ngubanina oya kusiwelela aye pesheya
kwolwandhle, asitabatele wona, ukuze si-
wuve, siwenze? 14 Koko ilizwi eli liku-
fupi kuwe kakulu, kwa semlonyeni wako,
nasenkliziyweni yako, ukuba ulenze.

15 Kangela ke, ndibekile pambi kwako



University of Fort Hare
Together in Excellence

namhla, ubomi nokulungileyo, nokufa no-
kubi: 16 ngokuba ndikuyala namhla uku-
ba umtande UYEHOVA, UTIXO wako, *n*okuba
uhambe ezindhleleni zake, nokuba ugcine
imiyalelo yake, nemimiselo yake, nezi-
gwebo zake; ukuze ubudhle ubomi, wande
nokwanda, ati UYEHOVA, UTIXO wako, aku-
tamsanqele elizweni apo uya kona ukuli-
fuya: 17 kodwa ukuba inkliziyo yako
iyajika, ude ungeva, wandule ukukuliswe,
utobe pambi kwabo otixo bambi, uba-
konze; 18 ndiyaxela kuni namhla, oko-
kuba niya kububa ngennyaniso; aniyi
kwolula imihla pezu kwelolizwe, apo
uwela i-Yoredane ukuya kungena kona,
ukuba ulifuye. 19 Ndiyanqinisa nga-
kuni namhla izulu nomhlaba, *ukuba* ndibe-
kile pambi kwako ubomi nokufa, itamsa-
nqeliso nesiqalekiso: ngako buqashe ubomi,
ukuze ubudhle ubomi, wena nenzalo yako;
20 ukuba umtande UYEHOVA, UTIXO wako,
*n*okuba upulapule ilizwi lake, nokuba una-
matele kuye: ngokuba yena ebubomi bako
nobude bemihla yako: ukuba uhlale eli-
zweni owafunga UYEHOVA koyihlo bako,
u-Abrahame, u-Yisake, no-Yakobi, ukuba
alinike kubo.

31 WAYA u-Mosesi wawateta lamazwi
kubo bonke o-Sirayeli, 2 wati kubo:
Ndiyiminyaka ilikulu linamashumi mabini,
ubudala bami, namhla; andingebuye ndi-
pume ndingene; ngokuba UYEHOVA etshilo
kumi ukuti: Akuyi kuwela i-Yoredane le.
3 UYEHOVA, UTIXO wako, nguye oya kuwela
pambi kwako; yena uya kutshabalalisa
inklanga ezi kwa sebusweni bako, uze
ufuye okwazo: *no*-Yoshuwa, nguye oya
kuwela pambi kwako, njengokuba etshilo
UYEHOVA. 4 Waye UYEHOVA eya kwenza
kuzo, njengokuba ebesenza ku-Sihone na-
ku-Hogi, okumkani waba-Amori, nakulo
ilizwe labo, owabatshabalalisayo. 5 Ka-
njalo UYEHOVA wozinika ebusweni benu,
ukuba nenze kuzo njengayo yonke imiya-
lelo endiniyaleleyo. 6 Yomelelani nika-
lipe, ningoyiki, ningankwantyi nokunkwa-
ntya pambi kwazo: ngokuba UYEHOVA,
UTIXO wako, nguye ohamba nawo; akayi
kukuyeka, akayi kukushiya kanjalo.
7 Waza u-Mosesi wabiza u-Yoshuwa,
wati kuye emehlweni abo bonke o-Sirayeli:
Yomelele ukalipe, ngokuba uya kungena
nababantu elizweni, owayefungela oyise
babo UYEHOVA ukuba abape lona; woba-
mkelisa ilifa lalo wena. 8 NOYEHOVA,
nguye ohambayo pambi kwako; woba nawe
yena; akayi kukuyeka, akayi kukushiya
kanjako: ungoyiki, ungatuswa nokutuswa.
9 Waye u-Mosesi wabàla lomteto, wa-
wunika kubaperisite, onyana baka-Levi,
abatwalayo ityeya yocebano LUKAYEHOVA,
nakubo bonke abadala bo-Sirayeli. 10
Waza u-Mosesi wabayalela ngokuti: Eku-
peleni kweminyaka isixenxe, ngexesha eli-
misiweyo lomnyaka wokuyeka, ngomte-
ndeleko wamapempe, 11 bakuza bonke
o-Sirayeli ukuba babonakale ebusweni BU-
KAYEHOVA, UTIXO wako, endaweni aya ku-
nyula yona, uya kulesesha lomteto pambi
kwo-Sirayeli bonke ezindhlebeni zabo. 12
Hlanganisa abantu, amadoda, nabafazi,
nentsapo, nowasemzini wako opakati kwa-
masango ako, ukuze beve, nokuze bafunde,
bamoyike UYEHOVA, UTIXO wenu, balumkele
ukwenza onke amazwi alomteto: 13 *no-*
*kuba* abantwana babo, abangawazanga,
beve, bafunde ukumoyika UYEHOVA, UTIXO
wenu: yonke imihla eniya kubudhla ubo-
mi pezu kwalomhlaba, apo niwela i-Yore-
dane ukuya kona, ukuba niwufuye.
14 Wandula u-Yehova wati ku-Mosesi:
Bona ke, iyasondela imihla yako yokufa;
biza u-Yoshuwa, nizimise ententeni yen-
klangano, ndize ndimyalezele. Baya u-
Mosesi no-Yoshuwa, bazimisa ententeni
yenklangano. 15 Waza wabonakala UYE-
HOVA ententeni, entsikeni yelifu; yati intsi-
ka yelifu yema pezu kwocango lwentente.
16 Wayesiti UYEHOVA ku-Mosesi: Bona
ke, uya kulala noyihlo bako; baye aba-
bantu beya kusuka, barexezele emva kwo-
tixo babasemzini belozwe, apo baya kona
*babe* pakati kwabo, bandishiye, balwapule
nocebano lwami endilwenzile nabo. 17 Iya
kwandula ivute ingqumbo yami ngakubo
ngomhla lowo, ndibashiye, ndibafihlele
nobuso bami, babeya kudhliwa, bafunya-
nwe bububi obuninzi nabubunzima; bade
bati ngomhla lowo: Asi ngenxa yokuba
kungeko UTIXO wetu pakati kwetu na, lento
sifunyenwe bobububi? 18 Kwa ngalomhla
ndogqibela ukufihla ubuso bami, ngenxa
yayo yonke inkohlakalo abayenzileyo, ngo-
kuba bejikele kotixo bambi. 19 Ngako
kaloku, zibàleleni lengoma, uyifundise
elusatsheni luka-Sirayeli, yibeke emlo-
nyeni yalo; ukuze lengoma ibe indinqinela
ngakulo usapo luka-Sirayeli. 20 Ngokuba
ndiya kulungenisa elizweni endifungele



University of Fort Hare

33 KEKALOKU eli litamsanqeliso, owati
u-Mosesi, indoda KATIXO, watamsanqe-
lisa usapo luka-Sirayeli ngalo, engekabubi.
2 Wayesiti:
UYEHOVA wavela e-Sinai, wapuma e-Se-
hire pezu kwabo; wakazimla entabeni ye-
Parane, weza namawakawaka abangcwele;
kwesokunene sake umlilo wabungumteto
kubo. 3 Okunene wabetanda abantu!
bonke abangcwele bake basesandhleni sa-
ko; babehleli pantsi ezinnyaweni zako,
bamkela amazwi ako.
4 U-Mosesi wasiyalela umteto, ilifa lom-
hlambi ka-Yakobi. 5 Waba ngukumkani
kwa-Yeshurune, kwakuhlanganiswa inklo-
ko zabantu kunye nezizwe zo-Sirayeli.
6 Makapile u-Rubene, angafi; ati ama-
doda ake anga*bi* ngumbalwa.
7 Oku ke kokuka-Juda. Wayesiti: Yiva,
YEHOVA! ilizwi lika-Juda, umzise eba-
ntwini bake: izandhla zake mazimanele,
ube ngumncedi ngakuzo intshaba zake.
8 Nango-Levi wati: i-Tumime yako ne-
Urime yako mazibe noyingcwele yako,
owabumlinga e-Masa, owabupika naye
ngasemanzini e-Meriba: 9 owabesiti ngo-
yise nangonina: Andimbonanga; nabaza-
lwana bake akabavuma, nabantwana bake
akabazi: ngokuba bewagcinile amazwi
ako, nocebano lwako balubamba. 10
Baya kufundisa u-Yakobi izigwebo zako,
no-Sirayeli umteto wako: baya kubeka
isiqumiso pambi kwako, nedini elitshi-
swayo lipela pezu kwesibingelo sako. 11
Tamsanqela, YEHOVA! indyebo yake, nom-
sebenzi wezandhla zake uwubuke; tyumza
izinqe zabamsukelayo, nezabamtiyayo, ba-
ngabuyi besuke.
12 Ngo-Benjamine wati: Umtandwa KA-
YEHOVA uya kuhlala ngokunqaba ngakuye;
uya kumkusela immini yonke, napakati
kwamagxalaba ake uya kuhlala.
13 Nango-Josefe wati: Malitanyusanqe-
lwe NGUYEHOVA ilizwe lake; ngezinto ezi-
nqabileyo zezulu, ngombete, nangenzulu
elele ngapantsi; 14 nangezinto ezinqabi-
leyo zokuvelisa kwelanga, nangezinto ezi-
nqabileyo zokuhlumisa kwennyanga ngen-
nyanga; 15 nangezinto ezinkulu zentaba
zakudala, nangezinto ezinqabileyo zenduli
ezingunapakade; 16 nangezinto ezinqabi-
leyo zomhlaba nokuzala kwawo, na*nge*m-
buko yalowo ubehlala etyolweni: *elita-
msanqa* malize pezu kwenkloko ka-Josefe,
napezu kwokakai lwalowo ube wahlukene
nabazalwana bake. 17 Ubungcwalisa bake
bu*njenge*zibulo lenkomo yake, nempondo
zake zi*njenge*mpondo zennyati; kwa ngazo
uya kunqhuba abantu kunye ezipelweni
zelizwe: ezi zingamawakawaka akwa-Fra-
yime, ezi zingamawaka akwa-Manase.
18 Nango-Zebulone wati: Vuya, Zebu-
lone! ekupumeni kwako; no-Yisakare!
ezintenteni zako. 19 Baya kubiza abantu
beze entabeni; apo baya kubinga imibingo
yobulungisa: ngokuba beya kwanya ubu-
ninzi belwandhle, nendyebo eziselelweyo
enklabatini.
20 Nango-Gadi wati: Makabongwe lowo
owenzela u-Gadi indawo! uhleli njengen-
gonyama, uyarazula umkono, kwa noka-
kai. 21 Wazikangelela okwokuqala; ngo-
kuba kona, esabelweni somnikamteto, ebe-
hlaliswa ngokunqaba; wayesiza nenkloko
zabantu, wenza ubulungisa BUKAYEHOVA,
nemigwebo yake, kunye no-Sirayeli.
22 Nango-Dane wati: u-Dane ulitole
lengonyama, elitsibayo e-Bashane.
23 Nango-Nefatali wati: Nefatali, oko-
lisiwe yimbuko, ozele litamsanqa LIKAYE-
HOVA! fuya ulwandhle nesuyide.
24 Nango-Ashere wati: Makatanyusa-
nqelwe u-Ashere ngabantwana; makabe
ekoleka kubazalwana bake, antywilise u-
nyawo lwake eolini. 25 Imivalo yako yoba
sisincete nexina; nanjengemihla yako oba
*njalo* amandhla ako.
26 Akuko onjengaye UTIXO wo-Yeshu-
rune, okwelayo ezulwini ngokuncedwa
kwako, nasesibakabakeni ngesitomo sake.
27 UTIXO ongunapakade ulipepelo *lako;*
ingalo ezingunapakade zingapantsi: waeya
kugxota utshaba pambi kwako, ati: Tsha-
balalisa! 28 Uya kwandula u-Sirayeli
ahlale yedwa ngokunqaba; umtombo ka-
Yakobi woba pezu kwomhlaba wennqolowa
neveyine; ewe, izulu lake liya kutontsela
umbete. 29 Hai innyweba yako, Sirayeli!
ngubanina onjengawe? ungabantu abasi-
ndisiweyo NGUYEHOVA, ikaka loncedo lwa-
ko, nolirele lesitomo sako! ngako intshaba
zako ziya kuzenzisa kuwe, nendawo ezipa-
kamileyo zazo wozinyatela wena.

34 WANDULA u-Mosesi wenyuka ema-
tafeni ase-Mowabi, waya entabeni ye-
Nebo, engcopo ye-Pisega, ngapambi kwe-
Jeriko. Waza UYEHOVA wambonisa lonke
elozwe, i-Gileyadi kwada kwase-Dane,
2 nalo lonke *ilizwe* lakwa-Nefatali, ne-



University of Fort Hare

lizwe lakwa-Frayime, nelakwa-Manase,
nalo lonke ilizwe lakwa-Juda, kwada kwa-
selwandhle lwasemva, 3 nelasesuyide, ne-
tafa lomhlambo wase-Jeriko, isixeko semiti
yepalime, kwada kwase-Tsohare. 4 Waye
UYEHOVA esiti kuye: Eli lelozwe endandi-
fungile ku-Abrahame, ku-Yisake, naku-
Yakobi, ngokuti: Ndolinika kwinzalo ya-
ko. Ndikubonisile *lona* ngamehlo ako,
kanti akuyi kuwela ukuya kona.
5 Wada wafa kona u-Mosesi, isicaka SI-
KAYEHOVA, ezweni le-Mowabi, ngelizwi LI-
KAYEHOVA. 6 Waza wamncwaba esihlanjeni,
ezweni le-Mowabi, malungana ne-Bete-
pehori; kodwa akuko 'mntu owaziyo incwa-
ba lake kwada kwanamhla nje. 7 Waye
u-Mosesi eyiminyaka ilikulu linamashumi
mabini ubudala bake, akububa: iliso lako
belingeluzizi, nokwomelela kwake beku-
ngemkile. 8 Lwaza usapo luka-Sirayeli
lwamlilela u-Mosesi ematafeni ase-Mowabi
imihla yamashumi matatu: yada yagqi-
tywa imihla yesililo *nesijwili* pezu kwo-
Mosesi.
9 Kekaloku u-Yoshuwa, unyana ka-
Nune, ebezele ngummoya wobulumko;
ngokuba u-Mosesi ebelalisile izandhla zake
pezu kwake: lwaza usapo luka-Sirayeli
lwampulapula, lwenza njengokuba UYE-
HOVA ebemyalele u-Mosesi.
10 Kwaye kungabanga savuka umprofite
kwa-Sirayeli njengo-Mosesi, owati UYE-
HOVA wamazi ubuso ngobuso; 11 ngayo
yonke imiqondiso nemimangaliso, owabem-
tuma UYEHOVA ukuya kuyenza ezweni le-
Jipete, ku-Faro, nakuzo zonke izicaka zake,
nakulo lonke ilizwe lake; 12 nangaso so-
nke esosandhla someleleyo, nangaso sonke
esosoyikiso sikulu, owasenzayo u-Mosesi
emehlweni o-Sirayeli bonke.

# INNCWADI KAYOSHUWA.

## ISAHLUKO I.

KWAYE kute emveni kwokufa kuka-
Mosesi, isicaka SIKAYEHOVA, wandula
wateta UYEHOVA ku-Yoshuwa unyana ka-
Nune, umkonzi ka-Mosesi, esiti: 2 u-Mo-
sesi isicaka sami ufile; uze usuke kaloku,
uwele i-Yoredane le, wena, nababantu
bonke, ukuya elizweni endilinika kubo,
kulo usapo luka-Sirayeli. 3 Zonke indawo
uya kunyatela pezu kwazo umzantsi wo-
nyawo lwenu, sendinipile zona, njengo-
kuba ndabendisitsho ku-Mosesi. 4 Kwa
senklango nale-Lebanone, nakude kube
semlanjeni omkulu, emlanjeni ongum-Fe-
rate, lonke ilizwe lama-Hete, nakude kube
selwandhle olukulu ngasekutshoneni kwe-
langa, woba ngumda wenu. 5 Akuko
'mntu oya kuba nokuma pambi kwako
yonke imihla yokudhla kwako ubomi: nje-
ngokuba bendiko no-Mosesi, ndiya kubako
kwa nawe; andiyi kukuyeka, andiyi kuku-
shiya kanjalo. 6 Yomelela ukalipe: ngo-
kuba wena uya kubamkelisa ababantu ilifa
lelizwe, elo ndafunga ngalo koyise babo
ukuba ndiya kubapa lona. 7 Kodwa yo-
melela ukalipe kakulu, ukuba ulumkele
ukwenza njengawo wonke umteto ubuya-
lelwa ngawo ngu-Mosesi, isicaka sami:
ungapambuki kuwo nangasekunene nanga-
sekohlo, ukuze ulungiseke apo usukuba
usiya kona. 8 Incwadi yalomteto ayiyi
kumka emlonyeni wako; kodwa uya ku-
cinga yona emmini nasebusuku, ukuze
ulumkele ukwenza njengako konke okubà-
liweyo kuyo: ngokuba oko uya kutamsa-
nqelekisa indhlela yako, naloko uya kulu-
ngiseka. 9 Andikuyalelanga na? Yomelela
ukalipe; ungankwantyi, ungatuswa noku-
tuswa: ngokuba UYEHOVA, UTIXO wako, e-
nawe, apo usukuba usiya kona.
10 Waza u-Yoshuwa wawayalela ama-
gosa abantu, ngokuti: 11 Candani pakati
kwomnquba, nibayalele abantu, ngokuti:
Zilungiseleni umpako; ngokuba pakati
kwemihla isemitatu niya kuwela i-Yore-
dane le, ukuya kufuya elozwe enilipiwayo
NGUYEHOVA, UTIXO wenu, ukuba nilifuye.
12 Nakuma-Rubene, nakuma-Gadi, na-



University of Fort Hare

kuso isiqingata sesizwe sama-Manase, wa-
tsho u-Yoshuwa ukuti: 13 Kumbulani
elozwi u-Mosesi, isicaka SIKAYEHOVA, wabe-
niyalela ngalo, esiti: UYEHOVA, UTIXO wenu,
unipumzile, unipile ilizwe eli. 14 Aba-
fazi benu, intsapo zenu, nenkomo zenu,
ziya kuhlala ezweni abelinika kuni u-Mo-
sesi nganeno kwe-Yoredane; kodwa nina
niya kuwela nixòbile pambi kwabazalwana
benu, onke amagora aburoti, nibancede
bona; 15 ade UYEHOVA abapumze abaza-
lwana benu, njengokuba *enipumzile* nina,
baze nabo balifuye elozwe UYEHOVA, UTIXO
wenu, ubapile lona; nandule nibuyele
ezweni lemfuyo yenu, nilifuye, elo u-Mo-
sesi, isicaka SIKAYEHOVA, ulinikile kuni
nganeno kwe-Yoredane ngasekupumeni
kwelanga.

16 Baza bampendula u-Yoshuwa, besiti:
Konke usiyaleleyo ngako, siya kukwenza,
nalapo usukuba usitumela kona, siya kuya.
17 Njengako konke sibe sipulapula ku-
Mosesi ngako, siya kupulapula njalo na-
kuwe: kodwa UYEHOVA, UTIXO wako, wanga
angako nawe, njengokuba ebeko no-Mosesi!
18 Umntu osukuba evukela ngakumlomo
wako, ongayi kupulapula amazwi ako kuko
konke umyalela ngako, makafiswe: kodwa
yomelela ukalipe.

2 KEKALOKU u-Yoshuwa, unyana ka-
Nune, wasusa amadoda amabini e-Shi-
time ukuya kuhlola ngasese, esiti: Ha-
mbani, niye kukangela ilizwe, ne-Jeriko.
Ahamba ke, aya angena endhlwini yompi-
nyiswa, ogama lingu-Rakabi, alala kona.
2 Kwaza kwabikwa kukumkani we-Jeriko,
kusitwa: Nanga amadoda efikile apa ngo-
busuku evela elusatsheni luka-Sirayeli,
ukuza kupanda ilizwe. 3 Waza ukumkani
we-Jeriko watumela ku-Rakabi, ukuti:
Kupani amadoda afikileyo kuwe, angeni-
leyo endhlwini yako; ngokuba efikile uku-
za kupanda lonke ilizwe.

4 Yabe inkazana leyo itabatile lomadoda
omabini, yawafihla; yaza yatsho ukuti:
Kwafika amadoda kumi, kodwa bendinga-
wazi avela pina. 5 Kwaza kwati, kwaku-
valwa isango, nxa kuza kuba mnyama,
andula amadoda lawo apuma: andiwazi
ayo ngapina lomadoda; waputumeni ka-
msinyane, ngokuba niya kuwafumana. 6
Kanti ibiwenyusele pezu kwendhlu, yawa-
fihla ngapantsi kwamasebe omyaru, abe-
ewangeisiwe yiyo pezu kwendhlu. 7 Asu-
ka amadoda awaputuma ngendhlela yase-
Yoredane, ngasemazibukweni: kwaza kwa-
valwa isango, emveni kwokuba sebepumile
abo bawaputumayo.

8 Engekalali wona, yenyuka yona yaya
kuwo pezu kwendhlu; 9 yayisiti emado-
deni lawo: Ndiyazi ukuba UYEHOVA unipile
elilizwe, nokuba isoyikeko senu siwile
pezu kwetu, nokuba bancamile bonke
abemi belizwe ngennxa yenu. 10 Ngo-
kuba sivile okokuba UYEHOVA wanitshisela
amanzi olwandhle olubomvu, ekupumeni
kwenu e-Jipete; noko enanikwenza koku-
mkani bobabini baba-Amori, abebepesheya
kwe-Yoredane, ku-Sihone naku-Hogi, ena-
balahlela ekutshabalaleni. 11 Sati sakuva,
zanyibilika inkliziyo zetu, kanjako akwabi
sahlala ubugagu emntwini, ngennxa yenu:
ngokuba UYEHOVA, UTIXO wenu, nguye
ONGUTIXO ezulwini pezulu, nasemhlabeni
pantsi. 12 Ngako kaloku, kenindifungele
UYEHOVA, ukuba, njengokuba ndenzele nina
ububele, nani niya kwenzela indhlu ka-
bawo ububele, nindinike umqondiso wen-
nyaniso: 13 ukuba niya kulondoloza be-
hleli ubawo, nomá, nabazalwana bami,
nodade bami, nabo bonke banabo; nokuba
niya kusindisa ubomi betu ekufeni.

14 Aza ati kuyo amadoda lawo: Ubomi
betu mabube sendaweni yobenu ukufa!
ukuba anixeli lendawo yetu: kuya kwa-
ndula ukuti, nxa UYEHOVA asinikayo ilizwe,
sokwenzela ububele nennyaniso.

15 Yandula yawahlisa ngentsontelo nge-
fenstile: ngokuba indhlu yayo ibipezu kwo-
donga lwesixeko, kanjalo yona yahlala pezu
kwodonga. 16 Yayisiti kuwo: Hambani
niye entabeni, hlezé bafumanane nani aba-
putumayo; nize nizimele apo intsuku zibe
ntatu, bade babuye abaputumayo; niti
kamva nihambe ngendhlela yenu.

17 Ati kuyo amadoda lawo: Soba msu-
lwa kwesisifungiso sako usifungisile ngaso.
18 Bona ke, sakufika elizweni, uya kubopa
lentambo yentsinga ezibomvu efenstileni
usihlisile ngayo; noyihlo, nonyoko, naba-
zalwana bako, nabo bonke abendhlu kayi-
hlo, nobabutela kuwe endhlwini. 19 Kuya
kwandula ukuti, osukuba epuma ngengca-
ngo zendhlu yako aye pandhle, igazi lake
malibe pezu kweyake inkloko, siti tina si-
ngabi natyala; nosukuba enawe endhlwini,
igazi lake malibe pezu kwenkloko yetu,
ukuba isandhla sipezu kwake. 20 Kodwa
ukuba uyaxela lendawo yetu, sesiya kuba



University of Fort Hare
Together in Excellence

msulwa kuso isifungiso sako usifungisile
ngaso. 21 Yati yona: Makube njalo nje-
ngamazwi enu. Yaza yawandulula, emka
ke; kanjalo yabopa lontambo ibomvu efe-
nstileni.
22 Asuka emka, aya entabeni, ahlala
kona intsuku zantatu, bada babuya abapu-
tumayo: ngokuba abaputumayo bebewafu-
nile endhleleni yonke, kanti abawafumana.
23 Ada abuya lomadoda omabini, ehla
entabeni, awela ke, aza kufika ku-Yoshuwa,
unyana ka-Nune, ambalisela zonke izinto
ezibahlileyo. 24 Ayesiti ku-Yoshuwa:
Okunene UYEHOVA unikile ezandhleni zetu
ilizwe lonke; ngokuba kwa bonke abemi
belizwe bencamile ngennxa yetu.

3 WAVUKA kusasa u-Yoshuwa ngomnye
umhla; baza banduluka e-Shitime, baya
e-Yoredane, yena nalo lonke usapo luka-
Sirayeli; balalisa kona, bengekaweli.
2 Kwaye kute, ekupeleni kwemihla mi-
tatu, andula amagosa acanda pakati kwom-
nquba, 3 ayalela abantu ngokuti: Nxa
nibonayo ityeya yocebano LUKAYEHOVA,
UTIXO wenu, nabaperisite abangaba-Levi
beyitwele, niya kwandula ninduluke enda-
weni yenu, niyilandele. 4 Kwobako kodwa
umgama pakati kwenu nayo, ube ungati
ngamawaka mabini ekubite ngomlinga-
niso; ningasondeli kuyo, ukuze niyazi in-
dhlela eniya kuhamba ngayo: ngokuba
ningadhlulanga ngalendhlela ixesha lapa-
mbili.
5 Wayesiti u-Yoshuwa ebantwini: Zi-
ngcwaliseni! ngokuba ngomso UYEHOVA
eya kuyenza imimangaliso pakati kwenu.
6 Kanjalo wateta u-Yoshuwa kubaperi-
site, esiti: Funqulani ityeya yocebano,
niwele pambi kwabantu. Baza bayifu-
nqula ityeya yocebano, bahamba pambi
kwabantu.
7 Wayesiti UYEHOVA ku-Yoshuwa: Kwa
namhla nje ndiya kuqala ukukwenza mku-
lu emehlweni o-Sirayeli bonke, ukuze ba-
kwazi ukuba ndiya kubako nawe, njengo-
kuba ndibe ndiko no-Mosesi. 8 Ngako
uya kubayalela abaperisite, abatwele itye-
ya yocebano, ngokuti: Xeshekweni nifika
eludinini lwamanzi ayo i-Yoredane, niya
kuti nqumama e-Yoredane.
9 Waza u-Yoshuwa wati kulo usapo lu-
ka-Sirayeli: Sondelani apa, nive amazwi
ake UYEHOVA, UTIXO wenu. 10 Wayesiti
u-Yoshuwa: Kungoku eniya kwazi ukuba
UTIXO ohleliyo upakati kwenu, nokuba uya
kugqibela ukugqogqa pambi kwenu aba-
Kanane, nama-Hete, nama-Hivi, nama-
Perizi, nama-Giregashe, naba-Amori, na-
ma-Yebusi. 11 Bona ke, ityeya yocebano,
eYENKOSI yomhlaba wonke, iyawela pambi
kwenu e-Yoredane. 12 Ngako kaloku zi-
capuleleni amadoda abe lishumi linamabini
kuzo izizwe zo-Sirayeli, ibe yindoda innye
ngesizwe ngesizwe. 13 Kwakuya kuti,
kwakupumla imizantsi yennyawo zabape-
risite abatwele ityeya KAYEHOVA, INKOSI
yomhlaba wonke, emanzini e-Yoredane,
seleya kunqanyulwa amanzi ase-Yoredane,
amanzi ehlayo enkla; aeya kuma emfu-
mbeni 'nnye.
14 Kwaza kwati, bakunduluka abantu
ezintenteni zabo ukuya kuwela i-Yoredane,
nabaperisite beyitwele ityeya yocebano
pambi kwabantu; 15 naxeshekweni abo
batwalayo ityeya base befike e-Yoredane,
nennyawo zabaperisite abatwalayo ityeya
zibe zintywilisiwe eludinini lwamanzi;
(ngokuba i-Yoredane izalele pezu kwazo
zonke indonga zayo kwa yonke imihla yo-
kuvuna;) 16 andula ema amanzi ehlayo
enkla, apakama emfumbeni 'nnye, kwa
kude kakulu ne-Adame, isixeko esingase-
caleni le-Tsaretane; ati ke lawo abehlela
ngakulo ulwandhle lwasetafeni, ulwandhle
olutyuwa, agqityelwa ukunqanyulwa: baza
abantu bawela malungana ne-Jeriko. 17
Koko abaperisite, abebetwala ityeya yoce-
bano LUKAYEHOVA, baqinisa ukuma pezu
kwowomileyo *umhlaba* pakati kwe-Yore-
dane; baza o-Sirayeli bonke bawela pezu
kwowomileyo *umhlaba*, bada bagqiba bonke
abantu ukuwela i-Yoredane.

4 Kwaye kute, xeshekweni bebegqibile
bonke abantu ukuwela i-Yoredane, wa-
ndula wateta UYEHOVA ku-Yoshuwa, esiti: 2
Zicapuleleni amadoda abe lishumi linama-
bini ebantwini, ibe yindoda innye ngesizwe
ngesizwe, 3 niwayalele ngokuti: Colani apa
pakati kwe-Yoredane, kulondawo innyawo
zabaperisite zema ngokuqinileyo, amatye
abe lishumi linamabini, niwaweze nani,
niwabeke pantsi endaweni yokulalisa, apo
niya kulalisa kona obubusuku. 4 Waza
u-Yoshuwa wabiza lawomadoda alishumi
linamabini, abewamisile *ecatshulwe* elusa-
tsheni luka-Sirayeli, indoda innye kwisizwe
ngesizwe. 5 Wayesiti kuwo u-Yoshuwa:
Welani pambi kwayo ityeya KAYEHOVA,
UTIXO wenu, niye pakati kwe-Yoredane,



University of Fort Hare

nizifunqulele nonke ngabanye ilitye libe
linye pezu kwamagxalaba enu, ngenani
lezizwe zalo usapo luka-Sirayeli; 6 ukuze
kube ngumqondiso oku pakati kwenu:
xeshekweni abantwana benu baya ku-
buza ngexesha elizayo, besiti: Amatye
la ayinto nina kuni? 7 niya kwandula
ukuti kubo: Ngawokuti amanzi ase-Yore-
dane ebenqanyulwa pambi kwayo ityeya
yocebano LUKAYEHOVA; yakuwela i-Yore-
dane, amanzi ase-Yoredane ebenqanyu-
lwa: kwa njalo lamatye oba yinkumbuzo
elusatsheni luka-Sirayeli kude kube ngu-
napakade.
8 Lwenje njalo ke usapo luka-Sirayeli,
njengokuyalela kuka-Yoshuwa; lwaya
lwacola amatye alishumi elinamabini pa-
kati kwe-Yoredane, njengokuba ebetshilo
UYEHOVA ku-Yoshuwa, ngenani lezizwe
zalo usapo luka-Sirayeli; lwawaweza nalo
ukuya endaweni yokulalisa, lwawabeka
pantsi kona. 9 Kanjako amatye alishumi
elinamabini wawamisa u-Yoshuwa pakati
kwe-Yoredane, kulondawo apo zemayo
innyawo zabaperisite abebetwala ityeya
yocebano: ako kona kwada kwanamhla
nje.
10 Kekaloku abaperisite, abebetwala
ityeya, bema pakati kwe-Yoredane, kwada
kwafezwa zonke izinto, abete UYEHOVA
wamyalela u-Yoshuwa ukuba azitete eba-
ntwini, njengako konke u-Mosesi abemya-
lele u-Yoshuwa ngako: baza bakauleza
abantu, bawela ke. 11 Kwaza kwati, ba-
kuba begqibile ukuwela abantu, yandula
yawela ityeya KAYEHOVA, nabaperisite, ebu-
sweni babantu.
12 Kanjalo usapo luka-Rubene, nosapo
luka-Gadi, nesiqingata sesizwe sika-Ma-
nase, lwawela luxòbile ebusweni bosapo
luka-Sirayeli, njengokuba ebetetile kulo
u-Mosesi. 13 Anga angamawaka anga-
mashumi mane *amadoda* esel' exòbele
ukulwa, awawelayo pambi KWOYEHOVA u-
kuya emfazweni, ematafeni ase-Jeriko.
14 Ngalomhla UYEHOVA wamenza mkulu
u-Yoshuwa emehlweni o-Sirayeli bonke;
baza bamoyika yena, njengokuba bebemo-
yikile u-Mosesi, yonke imihla yokudhla
kwake ubomi.
15 Waza watsho UYEHOVA ku-Yoshuwa,
esiti: 16 Yalela abaperisite, abatweleyo
ityeya yesingqino, ukuba benyuke e-Yore-
dane. 17 Ngako u-Yoshuwa wabayalela
abaperisite, ngokuti: Nyukani e-Yore-
dane. 18 Kwaye kute, xeshekweni abape-
risite, abebetwala ityeya yocebano LUKA-
YEHOVA, bebenyukile pakati kwe-Yoredane,
*naxeshekweni* imizantsi yennyawo zabape-
risite ibinyotukele kowomileyo *umhlaba*,
andula amanzi ase-Yoredane abuyela enda-
weni yawo, agqitela zonke indonga zayo,
njengexesha lapambili.
19 Kekaloku abantu benyuka e-Yore-
dane ngoweshumi *umhla* wennyanga yoku-
qala, bati waca e-Gilegale, ngecala lasem-
pumalanga le-Jeriko. 20 Nalawomatye
alishumi linamabini, ababewatabatile e-
Yoredane, wawamisa u-Yoshuwa e-Gile-
gale. 21 Waza wateta elusatsheni luka-
Sirayeli, esiti: Okuya abantwana benu
baya kubuza oyise babo ngexesha elizayo,
besiti: Amatye la ayinto nina? 22 niya
kwandula nibazise abantwana benu, nisiti:
Pezu kwowomileyo *umhlaba* o-Sirayeli ba-
wela i-Yoredane le. 23 Ngokuba UYEHOVA,
UTIXO wenu, ebewatshisa amanzi ase-Yore-
dane pambi kwenu, nada nawela; njengo-
kuba UYEHOVA, UTIXO wenu, ebesenzela
ulwandhle olubomvu, owabelutshisa pambi
kwetu, sada sawela; 24 ukuze basazi bo-
nke abantu bomhlaba isandhla SIKAYEHOVA,
ukuba sinamandhla sona; ukuze nimoyike
UYEHOVA, UTIXO wenu, imihla yonke.

5 KWAZA kwati, kwakuviwa ngabo bo-
nke okumkani baba-Amori, abebenga-
neno kwe-Yoredane ngasentshonalanga,
nangabo bonke okumkani baba-Kanane,
abebengaselwandhle, ukuba UYEHOVA uwa-
tshisile amanzi ayo i-Yoredane pambi kwo-
sapo luka-Sirayeli, sada sawela, zandula
zanyibilika inkliziyo zabo, kanjako akwabi
sabiko ubugagu kubo, ngennxa yosapo
luka-Sirayeli.
2 Ngeloxesha wati UYEHOVA ku-Yoshu-
wa: Zenzele izitshetshe zamatye abukali,
ubuye waluse usapo luka-Sirayeli ngokwe-
sibini. 3 Waza u-Yoshuwa wazenzela izi-
tshetshe zamatye abukali, walwalusa usapo
luka-Sirayeli e-Gibeha-haralote. 4 Yiyo
le indawo ekungennxa yayo u-Yoshuwa
walwalusa: Bonke abantu ababepumile
e-Jipete bengamadoda, onke amadoda oku-
lwa, bebefile enklango endhleleni, emva
kwokupuma kwabo e-Jipete. 5 Ngokuba
bonke abantu ababepumile *kona* bebenga-
balukileyo; kodwa bonke abantu ababeza-
lelwe enklango endhleleni, emva kwoku-
puma kwabo e-Jipete, *bona* bebengabalu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

sanga. 6 Ngokuba usapo luka-Sirayeli
beluhamba iminyaka yamashumi mane en-
klango, kwada kwagqityelwa bonke abantu
bengamadoda okulwa, ababepumile e-Ji-
pete, ababengapulapulanga ilizwi LIKAYE-
HOVA; owati UYEHOVA wabafungela ukuba
akayi kubabonisa ilizwe, elo wafunga UYE-
HOVA koyise babo ukuba wolinika kuti,
ilizwe elela ubisi nobusi. 7 Kodwa onyana
babo owabebavusa esikundhleni sabo, bona
u-Yoshuwa wabalusa; ngokuba bebengaba-
ngalukileyo, ngenxa yokuba bebengabalu-
lusanga endhleleni. 8 Kwaza kwati, kwa-
kugqitywa ukwalusa bonke abobantu, ba-
hlala endaweni yabo emnqubeni bada
bapila. 9 Wandula wati UYEHOVA ku-Yo-
shuwa: Namhla nje ndisiqengqile isigxeko
se-Jipete sisuke kuni. Ngako kubizwa
igama laleyo indawo ngokuti yi-Gilegale,*
kude kube namhla nje.

10 Nxa usapo luka-Sirayeli belute waca
e-Gilegale, lwabamba ipasika ngosuku
lweshumi linesine lwenyanga ngokuhlwa,
ematafeni ase-Jeriko.

11 Lwaye lusidhla kwinklumelo yom-
hlaba ngomnye umhla emva kwepasika,
izonka ezingenagwele, namaqashu, kwa
ngokwa nguwo umhla lowo. 12 Yaza ya-
pela imana ngomnye umhla emveni kwo-
kuba beludhlile kwinklumelo yomhlaba;
kanjalo usapo luka-Sirayeli alwabi senayo
imana, koko lube lusidhla kwimveliso ye-
lizwe le-Kanane kwa ngalomnyaka.

13 KWAYE kute, akuba u-Yoshuwa
ebengase-Jeriko, wapakamisa amehlo ake,
wakangela, kekaloku, nantsi indoda imi
malungana naye, inerele layo liroliwe esa-
ndhleni sayo. Wasuka u-Yoshuwa waya
kuyo, wati kuyo: Ungecala letu na, unge-
cala lentshaba zetu kusinina? 14 Yati:
Hai, kungokuba ndiyinkosi yomkosi
KAYEHOVA endizileyo kaloku. Waza u-
Yoshuwa wawa ngobuso ngasemhlabeni,
waziqubuda, wati kuyo: Iti nina inkosi
yami esicakeni sayo? 15 Yaza inkosi
yomkosi KAYEHOVA yati ku-Yoshuwa:
Susa izihlangu zako ezinnyaweni zako,
ngokuba indawo umi pezu kwayo i-
yingcwele. Wenje njalo ke u-Yoshuwa.

6 (Kekaloku i-Jeriko yaiqinisiwe ukuva-
lwa ngenxa yosapo luka-Sirayeli; be-
kungeko owapumayo, bekungeko nowa-
ngenayo.) 2 Wandula wati UYEHOVA ku-
Yoshuwa: Bona ke, ndinikile esandhleni
sako i-Jeriko, nokumkani wayo, namagora
aburoti. 3 Naniya kuraula isixeko, nonke
eningamadoda okulwa, nisingqonga isixeko
kube kanye. Uya kwenje njalo ngemmini
ezintandatu. 4 Kanjako abaperisite abasi-
xenxe baya kupata amaxilongo asixenxe
okuvusa, baye pambi kwetyeya; nangem-
mini yesixenxe niya kuraula isixeko kube
kasixenxe, bati abaperisite bavutele nga-
maxilongo. 5 Kwaye kuya kuti, kwaku-
hlokonyiswa ngepondo lwokuvusa, nxa
nivayo inklokoma yexilongo, bomemeza
abantu bonke ngesimemezo esikulu; lwa-
ndul' ukuwa udonga lwesixeko endaweni
yalo, bati abantu benyuke abanye ngaba-
nye ngokuti ngqo pambi kwabo.

6 Waza u-Yoshuwa, unyana ka-Nune,
wabiza abaperisite, wati kubo: Funqulani
ityeya yocebano, nabaperisite abasixenxe
mabapate amaxilongo asixenxe okuvusa,
baye pambi kwetyeya KAYEHOVA. 7 Waye-
siti ebantwini: Dhlulani, nisiraule isixeko,
nabo baxòbileyo mabadhlule pambi kwe-
tyeya KAYEHOVA.

8 Kwaza kwati, nxa u-Yoshuwa abe-
tshilo ebantwini, bandula abaperisite aba-
sixenxe, bepete amaxilongo asixenxe oku-
vusa pambi KWOYEHOVA, badhlula, bavutela
ngamaxilongo; yati ityeya yocebano LUKA-
YEHOVA yabalandela. 9 Baye abo baxòbi-
leyo behamba pambi kwabaperisite abavu-
tela ngamaxilongo, namabuto asemva ela-
ndela ityeya, *abaperisite* bemana bevutela
ngamaxilongo. 10 Kekaloku u-Yoshuwa
ebeyalele abantu ngokuti: Ningamemezi,
ningavakalisi amazwi enu, makungapumi
emilonyeni yenu nalinye ilizwi, ide ibe
yimmini endiya kuti kuni: Memezani! na-
ndule ukumemeza. 11 Yaza ityeya KAYE-
HOVA yaraula isixeko, isingqonga kwa ka-
nye; babuya bangena emnqubeni, balalisa
emnqubeni.

12 Wavuka kusasa u-Yoshuwa ngomnye
umhla; basuka abaperisite bayifunqula
ityeya KAYEHOVA. 13 Baza abaperisite
abasixenxe, bepete amaxilongo asixenxe
okuvusa pambi kwetyeya KAYEHOVA, ba-
mana bahamba, bavutela ngamaxilongo;
baye abaxòbileyo behamba pambi kwabo,
namabuto asemva elandela ityeya KAYE-
HOVA, *abaperisite* bemana bevutela ngama-
xilongo. 14 Baza basiraula isixeko ngem-
mini yesibini kwa kanye; bandula babu-

* *Oko kukuti:* Isiqengqo.



University of Fort Hare

yela emnqubeni. Benje njalo ke ngemmini
zantandatu.
15 Kwaye kute ngemmini yesixenxe,
bavuka kusasa, nxa kusapuma isifingo,
baya basiraula isixeko njengesiko elinjalo
amaxesha asixenxe: kodwa ngalommini
basiraula isixeko amaxesha asixenxe. 16
Kwaza kwati ngexesha lesixenxe, nxa aba-
perisite bebevutela ngamaxilongo, wati
u-Yoshuwa ebantwini: Memezani! ngo-
kuba UYEHOVA eninikile isixeko. 17 Soba
yinto elahlelwe ekutshatyalalisweni esisi-
xeko, kwa sona nako konke okukuso, KU-
YEHOVA; kupela u-Rakabi, umpinyiswa,
uya kudhla ubomi, yena nabo bonke aba-
naye endhlwini, ngokuba ebezifihla izigi-
dimi esazitumayo. 18 Kanjalo nani, qini-
sani ukuzibamba kuleyonto ilahlelweyo
ekutshatyalalisweni, hleze nizenze okula-
hlelweyo ekutshatyalalisweni, nxa nitaba-
tayo kuleyonto ilahlelweyo ekutshatyala-
lisweni, niwenze nomkosi wama-Sirayeli
ube yinto elahlelweyo ekutshatyalalisweni,
niwukataze. 19 Kodwa yonke isilivere,
negolide, nempahla zobedu nezesincete,
zona ziyingcwele KUYEHOVA; ziya kungena
endaweni yendyebo KAYEHOVA.
20 Baza abantu bamemeza, bakuvutela
*abaperisite* ngamaxilongo: kwabekute, nxa
abantu babevile inklokoma yexilongo, na-
*nxa* abantu bamemeza ngesimemezo esikulu,
kwandul' ukuwa udonga endaweni yalo,
bada abantu benyukela esixekweni, bonke
besiti ngqo pambi kwabo, batimba isi-
xeko. 21 Baza balahlela ekutshatyalali-
sweni kwa namadoda nabafazi, abatsha na-
badala, inkomo, negusha, namaqwarashe,
ngohlangoti lwesirele.
22 Koko ebetshilo u-Yoshuwa kulawo-
madoda mabini abehlolile ilizwe, ukuti:
Ngenani endhlwini yompinyiswa lowo,
nipumise kona inkazana leyo, nabo bonke
inabo, njengokuyifungela kwenu. 23 Asu-
ka amadodana abezinklola angena, apumisa
u-Rakabi, noyise, nonina, nabazalwana ba-
ke, nabo bonke abenabo; nabo bonke aba-
lamane bake abapumisa; abashiya ngapa-
ndhle kwomnquba wama-Sirayeli.
24 Kekaloku isixeko basitshisa ngom-
lilo, nako konke okupakati kwaso; kupela
isilivere, negolide, nempahla zobedu neze-
sincete, bazifaka endaweni yendyebo yen-
dhlu KAYEHOVA.
25 Kanti u-Rakabi, umpinyiswa, u-Yo-
shuwa wamlondoloza ebomini, nabendhlu
kayise, nabo bonke abenabo; osahleli pa-
kati kwo-Sirayeli kude kwanamhla nje;
ngokokuba wazifihla izigidimi, abezitumile
u-Yoshuwa ukuya kuhlola i-Jeriko.
26 Waza u-Yoshuwa wabafungisa ngelo-
xesha, ngokuti: Makaqalekiswe pambi
KWOYEHOVA lowamntu oya kusuka ake esi-
sixeko i-Jeriko; wosiseka ngowamazibulo
wake, nengcango zaso wozimisa ngomnci-
nane wake.
27 Kwa njalo UYEHOVA ubenaye u-Yo-
shuwa, lwaye udumo lwake luwakala kulo
lonke ilizwe.

7 KODWA usapo luka-Sirayeli lwenza
isigqito ngento elahlelweyo ekutshatya-
lalisweni: ngokuba u-Hakane, unyana ka-
Kami, unyana ka-Zabedi, unyana ka-Zera,
owesizwe sika-Juda, watabata kulonto ila-
hlelweyo ekutshatyalalisweni. Ngako ya-
vuta ingqumbo KAYEHOVA ngakulo usapo
luka-Sirayeli.
2 Waza u-Yoshuwa wasusa amadoda e-
Jeriko aye e-Hahai, ekufupi ne-Betavene,
ngecala lasempumalanga le-Betele, watsho
kuwo ukuti: Nyukani niye kuhlola ilizwe.
Anyuka ke amadoda lawo ayihlola i-Hahai.
3 Andula abuyela ku-Yoshuwa, ati kuye:
Mabangenyuki bonke abantu; makenyuke
amadoda angati angamawaka mabini, um-
hlaumbi amadoda angati angamawaka ma-
tatu, aye abete i-Hahai; ungadinisi apo
bonke abantu, ngokuba bebancinane abo
*bakona*.
4 Kwa njalo kwenyuka ebantwini ukuya
kona, amadoda angati angamawaka ma-
tatu; asuka abaleka pambi kwamadoda
ase-Hahai. 5 Aza amadoda ase-Hahai abu-
lala kuwo, ngati ngamadoda angamashumi
matatu anamatandatu; ngokuba ebewasu-
kela pambi kwesango kwada kwase-She-
barime, awabulala etambekeni: zandula
ukunyibilika inkliziyo zabantu, zaba nje-
ngamanzi.
6 Waza u-Yoshuwa warazula izivato
zake, wawa ngobuso ngasemhlabeni, pambi
kwetyeya KAYEHOVA, kwada kwahlwa, yena
nabadala bo-Sirayeli; baposa utuli pezu
kwenkloko zabo kanjalo. 7 Wayesiti u-
Yoshuwa: Au, NKOSI, YEHOVA! kunganina
ukuba ubuka waweza ababantu i-Yoredane,
ukusinikela esandhleni saba-Amori, uku-
sibubisa? Akwaba sabesikoliwe, sahlala
pesheya kwe-Yoredane! 8 Ke, NKOSI!
sendiya kuti nina, emva kwokuba o-Sira-



University of Fort Hare

yeli bajikele intshaba zabo umhlana? 9
Boti bakuva aba-Kanane nabo bonke abemi
belizwe basiraule, negama letu baliti nqam
emhlabeni : uze wenze 'nto nina ke nge-
gama lako elikulu?
10 Waza wati UYEHOVA ku-Yoshuwa:
Suka ume; yinina lento uleleyo ngobuso
bako? 11 O-Sirayeli bonile; kanjako balu-
gqitile ucebano lwami, endabayalela ngalo:
kanjako batabatile kulonto ilahlelweyo
ekutshatyalalisweni, ewe bebile, bahanaha-
nisile kanjalo, ewe bayibekile pakati kwe-
yabo impahla. 12 Kukona usapo luka-
Sirayeli lwalukohlwa kukuma ebusweni
bentshaba zalo, lwanikela intshaba zalo
umhlana, ngokuba lwaba yinto elahlelwe
ekutshatyalalisweni: andisayi kubuya ndi-
be nani, ukuba anitshabalalisi lonto ilahle-
lweyo ekutshatyalalisweni kwa pakati
kwenu. 13 Suka, ungcwalise abantu, uti:
Zingcwaliseleni immini yangomso; ngo-
kuba esitsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
ukuti: Kuko into elahlelwe ekutshatya-
lalisweni pakati kwako, Sirayeli! akungebe
nako ukuma pambi kwentshaba zako, ni-
ngekakwelelisi lonto ilahlelweyo ekutsha-
tyalalisweni kwa pakati kwenu. 14 Niya
kusondezwa ngoko ngomso ngezizwe zenu:
kwakuya kuti, isizwe esiqashwa NGUYE-
HOVA siya kusondela ngezizalwane; nesiza-
lwane esiqashwa NGUYEHOVA siya kusondela
ngezindhlu; nendhlu eqashwa NGUYEHOVA
iya kusondela ngendoda ngendoda. 15
Kwoti ke, lowo oqashwayo enalonto ilahle-
lweyo ekutshatyalalisweni uya kutshiswa
ngomlilo, yena nako konke anako; ngo-
kuba egqitile ucebano LUKAYEHOVA, nango-
kuba enzile okuhlazekileyo kwa-Sirayeli.
16 Waza wavuka kusasa u-Yoshuwa
ngomnye umhla, wasondeza o-Sirayeli nge-
zizwe zabo; kwaye kuqashwa isizwe sika-
Juda: 17 waza wasondeza isizalwane sika-
Juda; waqasha isizalwane sama-Zera: waza
wasondeza isizalwane sama-Zera, ngendoda
ngendoda; kwaye kuqashwa u-Zabedi:
18 waza wasondeza indhlu yake, ngendoda
ngendoda; kwaye kuqashwa u-Hakane,
unyana ka-Kami, unyana ka-Zabedi, unya-
na ka-Zera, owesizwe sika Juda.
19 Wandula wati u-Yoshuwa ku-Ha-
kane: Nyana wami! zunike ubungcwa-
lisa KUYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, wenze
kuye imvumo; uze undixelele ke into uye-
nzileyo, ungandifihleli. 20 Waza u-Hakane
wampendula u-Yoshuwa, wati: Okunene
ndonile ngakuye UYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli; kungokunje nangokunje endenzileyo.
21 Ndati ndakubona pakati kwamaxoba
ingubo enkle yase-Babilone, namakulu ma-
bini eshekele zesilivere, nesiqendu segolide
esizishekele ezingamashumi mahlanu uku-
ba nzima kwaso, ndazinqwenela, ndazita-
bata; kekaloku nanziya ziselelwe emhla-
beni pakati kwentente yami, nesilivere
ipantsi kwayo.
22 Wandula u-Yoshuwa watuma izigi-
dimi, ezagidimela ententeni; kekaloku na-
ntsi iselelwe ententeni, nesilivere ipantsi
kwayo. 23 Zaza zazisusa pakati kwentente,
zazizisa ku-Yoshuwa, nakulo lonke usapo
luka-Sirayeli, zazibeka pantsi pambi KWO-
YEHOVA.
24 Wasuka u-Yoshuwa, bonke o-Sirayeli
bekunye naye, watabata u-Hakane unyana
ka-Zera, nesilivere, nalongubo, nesiqendu
segolide, nonyana bake, nentombi zake,
nenkomo zake, namaqwarashe ake, negu-
sha zake, nentente yake, nako konke
anako; baye bezinyusela emhlanjeni we-
Hakore. 25 Wayesiti u-Yoshuwa: Yinina
ukuba usikatazile? UYEHOVA wokataza wena
namhla nje! Baza o-Sirayeli bonke bamgi-
bisela ngamatye, bazitshisa ngomlilo, ba-
kuba beziposele ngamatye. 26 Bandula
baqokelela pezu kwake imfumba enkulu
yamatye, ekoyo kwa namhla. Waza UYE-
HOVA waguquka ebushushwini bengqumbo
yake. Ngako oko kwabizwa igama lalo-
ndawo ngokuti: Ngumhlambo we-Hakore,*
kwada kwanamhla nje.

8 WAZA wati UYEHOVA ku-Yoshuwa:
Ungoyiki, ungatuswa nokutuswa; ta-
bata nawe bonke abantu bokulwa, usuke,
uye e-Hahai; bona ke, ndinikile esandhleni
sako ukumkani we-Hahai, nabantu bake,
nesixeko sake, nelizwe lake: 2 wauya
kwenzela i-Hahai nokumkani wayo, nje-
ngokuba ubusenzela i-Jeriko nokumkani
wayo: kodwa amaxoba ayo, nenkomo zayo,
niya kuzipangela zona: beka abalaleli nga-
kuso isixeko, ngasemva kwaso.
3 Wesuka u-Yoshuwa, nabo bonke aba-
ntu bokulwa, ukuya kunyukela ngase-
Hahai. Waza u-Yoshuwa wanyula ama-
doda amawaka angamashumi matatu, enga-
magora aburoti, wawasusa *innxennye* ebu-
suku, 4 wawayalela ngokuti: Kangelani,

* *Oko kukuti:* Inkatazo.



University of Fort Hare

nina nolalela ngakuso isixeko, ngasemva
kwesixeko; ningabi kude kakulu esixe-
kweni, kodwa nibe nonke senilungile. 5
Mina ke, nabo bonke abantu abanami, siya
kusondela ngasesixekweni: kwakuya kuti,
nxa bapumelayo ngakuti, njengasekuqale-
ni, sesiya kubaleka pambi kwabo, 6 (ngo-
kuba beya kupumela emva kwetu,) side
sibarole esixekweni: ngokuba beya kuti:
Bayabaleka pambi kwetu, njengasekuqale-
ni: ngako siya kubaleka pambi kwabo. 7
Niya kwandula nina ukusuka ekulaleleni,
nisibambe isixeko: ngokuba UYEHOVA, UTI-
XO wenu, eya kusinika esandhleni senu.
8 Kwakuya kuti, nakuba nisibambile isi-
xeko, niya kusitshisa ngomlilo; ngalo ili-
zwi LIKAYEHOVA niya kwenza. Kangelani,
sendiniyalele.

9 Waza wawatuma u-Yoshuwa; asuka
aya endaweni yokulalela, ahlala pakati
kwe-Betele ne-Hahai, ngecala lasentshona-
langa le-Hahai; kanti u-Yoshuwa walalisa
ngobobusuku pakati kwabantu.

10 Wavuka kusasa u-Yoshuwa ngomnye
umhla, wabala abantu; wenyuka ke, yena
nabadala bo-Sirayeli, pambi kwabantu,
ukuya e-Hahai. 11 Baye benyuka bonke
abantu bokulwa ababenaye, basondela,
beza ngapambi kwesixeko, bati waca nge-
cala lasenode le-Hahai; ekwaye kuko isi-
hlambo pakati kwabo ne-Hahai. 12 Ka-
njako watabata amadoda anga angamawaka
mahlanu, wawabeka abe ngabalaleli pakati
kwe-Betele ne-Hahai, ngecala lasentshona-
langa lesixeko. 13 Kwati kwakumiswa
abantu, umkosi wonke obungecala lasenode
lesixeko, nabalaleli babo ngecala lasentsho-
nalanga lesixeko, waya u-Yoshuwa ngobo-
busuku pakati kwomhlambo.

14 Kwaza kwati, akubona ukumkani
we-Hahai, banxama ke bavuka kusasa, ati
amadoda esixeko apumela ngako-Sirayeli
ukuba kuliwe, yena nabantu bake bonke,
ngexesha elimisiweyo, pambi kwetafa: ngo-
kuba ebengazi ukuba kuko abalaleli nga-
kuye, ngasemva kwesixeko. 15 Kwaye ku-
soyiseka u-Yoshuwa no-Sirayeli bonke
pambi kwabo; bada babaleka ngendhlela
yasenklango. 16 Kwandula kwabizwa bonke
abantu abasesixekweni ukuya kubasuke-
la; kwa njalo bamsukela u-Yoshuwa, bada
barolwa kuso isixeko. 17 Kwaza akwasala
nannye indoda e-Hahai nase-Betele, enga-
pumelanga o-Sirayeli; basishiya isixeko
sivulekile, babasukela o-Sirayeli.

18 Wandul' ukuti UYEHOVA ku-Yoshuwa:
Yolula umkonto osesandhleni sako ngase-
Hahai; ngokuba ndiya kuyinikela esa-
ndhleni sako. Wawolula ke u-Yoshuwa
umkonto obusesandhleni sake ngasesixe-
kweni. 19 Baza besuka abalaleli ngoku-
nxama endaweni yabo, bagidima, akuba
esolule isandhla sake, bangena esixe-
kweni, basitimba, banxama ke, basitshisa
isixeko ngomlilo. 20 Ati amadoda ase-
Hahai akubeka ngasemva kwawo, abona
ukuba nanguya umsi wesixeko unyukela
ezulwini; kwaza akwabiko 'ndawo kuwo
yokuba abaleke nalapa napaya: ngokuba
abantu, abebebalekela enklango, bajikela
pezu kwabasukelayo. 21 Kanjalo u-Yo-
shuwa no-Sirayeli bonke, bakubona ukuba
abalaleli sebetimbile isixeko, nokuba umsi
wesixeko uyanyuka, babuya ke, babulala
amadoda ase-Hahai. 22 Baye nabaya be-
puma esixekweni ukuza ngakuwo, ada aba
pakati kwo-Sirayeli, innxennye ngelinye
icala, nennxennye ngelinye; baza bawabu-
lala, bengashiyanga nannye kuwo eseleyo
nesindileyo. 23 Kodwa ukumkani we-
Hahai bambamba ehleli, bamzisa ku-Yo-
shuwa.

24 Kwaza kwati, xeshekweni o-Sirayeli
sebegqibile ukubulala bonke abemi base-
Hahai ababesendhle, enklango abebeba-
gxotele kuyo, *naxeshekweni* babewile bonke
ngohlangoti lwesirele, bada bagqityelwa,
bandula bonke o-Sirayeli babuyela e-Ha-
hai, bayibeta ngohlangoti lwesirele. 25
Kwaye kute, bonke ababewile ngale-
yommini, kwa namadoda nabafazi, bebe-
ngamawaka alishumi linamabini, bonke
abantu base-Hahai. 26 Ngokuba u-Yoshu-
wa ebengabuyisi isandhla sake, abewolule
umkonto ngaso, engekalahlelanga ekutsha-
tyalalisweni bonke abemi base-Hahai. 27
Kodwa inkomo namaxoba esixeko eso o-
Sirayeli bazipangela zona, njengelizwi LI-
KAYEHOVA owabemyalele u-Yoshuwa ngalo.
28 Waza u-Yoshuwa wayitshisa i-Hahai,
wayenza imfumba engunapakade, eyingei-
takalo kwada kwanamhla nje. 29 Noku-
mkani we-Hahai wamxòma pezu kwomti
kwada kwalixesha lokuhlwa: naxesho-
kweni sekutshonile ilanga, waxela u-Yo-
shuwa ukuba mabatule isidumbu sake
emtini, basipose ngasemnyango wesango
lesixeko, baqokelele imfumba enkulu ya-
matye pezu kwaso, ekoyo kwa namhla.



University of Fort Hare
Together in Excellence

30 OKO u-Yoshuwa wakela UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, isibingelo, entabeni ye-
Hebali, 31 njengokuba u-Mosesi, isicaka
SIKAYEHOVA, ebeyalele usapo luka-Sirayeli,
njengokubàliweyo encwadini yomteto ka-
Mosesi, isibingelo samatye epela, ekunga-
funqulwanga pezu kwawo intsimbi: baza
banikela pezu kwaso amadini okutshi-
swa KUYEHOVA, babingelela iminikelo yo-
xolo.
32 Wabàla nakona pezu kwamatye isi-
pindwa somteto ka-Mosesi, owasibàlayo
ebusweni bosapo luka-Sirayeli. 33 Baye
bonke o-Sirayeli, nabadala babo, namagosa,
nabagwebi babo, bebemi ngelinye icala
letyeya nangelinye pambi kwabaperisite
abangaba-Levi, abo bayitwalayo ityeya
yocebano LUKAYEHOVA, kwa nowasemzini
nozelweyo elizweni, esinye isiqingata sabo
simalungana nentaba ye-Gerizime, nesinye
isiqingata sabo simalungana nentaba ye-
Hebali; njengokuba ebeyalele u-Mosesi,
isicaka SIKAYEHOVA, ngapambili, ukuba ba-
tamsanqelise abantu bakwa-Sirayeli. 34
Nasemva kwoko walesesha onke amazwi
omteto, amatamsanqeliso neziqalekiso, nje-
ngako konke okubàliweyo encwadini yom-
teto. 35 Bekungeko nalinye ilizwi kuko
konke abeyalele kona u-Mosesi, owaenga-
lilesesbanga u-Yoshuwa pambi kwawo wo-
nke umhlambi wo-Sirayeli, nabafazi, nen-
tsapo, nabasemzini ababehamba pakati
kwabo.

9 KWAYE kute, bakuva *oku* bonke oku-
mkani abanganeno kwe-Yoredane, ezin-
tabeni, nasezihlanjeni, nakulo lwonke u-
nxweme lwolwandhle olukulu malungana
ne-Lebanone, ama-Hete, naba-Amori, *naba*-
Kanane, *nama*-Perizi, *nama*-Hivi, nama-
Yebusi, 2 bandula bahlanganisana ndawo-
nye, ukuze kuliwe no-Yoshuwa no-Sirayeli,
ngenkliziyo 'nnye.
3 Kodwa abemi base-Gibeyone, bakuva
oko okwenziweyo ngu-Yoshuwa e-Jeriko
nase-Hahai, 4 bati ke bona benza ngobu-
qokolo, baya bahamba njengabatunywa,
batabata imixowa ezindala emaqwarasheni
abo, nentsuba zeveyine, ezindala, ezirazu-
kileyo, ezibotshiweyo; 5 nezihlangu ezi-
dala, ezineziziba, ezinnyaweni zabo, nezi-
vato ezidala pezu kwabo; kanjalo sonke
isonka sompako wabo sasomile, sasingu-
ndile. 6 Bahamba baya ku-Yoshuwa em-
nqubeni e-Gilegale, bati kuye nakumadoda
akwa-Sirayeli: Sivela elizweni elikude:
keniti kaloku nenze ucebano nati. 7
Aza amadoda akwa-Sirayeli ati kuma-
Hivi lawo: Ngati umhlaumbi nihleli pa-
kati kwetu; sesiya kuti nina ko ukwenza
ucebano nani? 8 Aye esiti ku-Yoshuwa:
Sizizicaka zako. Wati u-Yoshuwa kuwo:
Ningobanina? nivela pina? 9 Aza ati
kuye: Kusezweni elikude kakulu izicaka
zako zivelayo, ngenxa yegama LIKAYE-
HOVA, UTIXO wako: ngokuba udumo lwako
siluvile, nako konke abekwenza e-Jipete,
10 nako konke akwenzileyo kokumkani
bobabini baba-Amori, abebepesheya kwe-
Yoredane, ku-Sihone ukumkani we-Heshe-
bone, naku-Hogi ukumkani we-Bashane,
obe*hleli* e-Hashetarote. 11 Ngako babesi-
tsho kuti abadala betu, nabo bonke abemi
belizwe letu, ukuti: Tabatani ezandhleni
zenu umpako wendhlela, nihambe niye
kubakaulela, niti kubo: Sizizicaka zenu;
keniti kaloku nenze ucebano nati. 12 Esi
isonka setu sasitabatela umpako wetu si-
shushu ezindhlwini zetu, ngemini sapu-
mayo ukuya kuni; kanti kaloku, nasi seso-
mile, sasingundile kanjako: 13 nentsuba
ezi zeveyine, esazizalisayo, zazintsha; ka-
nti ke, nanzi sezirazukile; nezi izivato zetu
nezihlangu zetu sezidala ngenxa yokuba
kude kakulu kwendhlela.
14 Aza amadoda atabata kumpako wawo,
engabuzanga emlonyeni KAYEHOVA. 15
Wandula u-Yoshuwa wenza nawo uxolo,
wati kanjalo wenza nawo ucebano lwokuba
awalondoloze ebomini; zaye ziwafungela
nenkosi zenklanganiso.
16 Kwabekute ekupeleni kwemihla mi-
tatu emveni kwokuba babelwenzile uce-
bano nawo, kwavakala kubo ukuba anga-
bamelwane babo, nokuba ahlala pakati
kwabo. 17 Lwaza lwanduluka usapo
luka-Sirayeli, lwafika ezixekweni zawo
ngomhla wesitatu. Kekaloku izixeko za-
wo zaziyi-Gibeyone, ne-Kefira, ne-Berote,
ne-Kiriyate-yarime. 18 Kodwa usapo
luka-Sirayeli alwawabeta, ngokuba inkosi
zenklanganiso ziwafungele UYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli: ngako yarora yonke inklanga-
niso ngakuzo inkosi ezo. 19 Zandula zati
zonke inkosi kuyo yonke inklanganiso:
Sesiwafungele UYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli; kukona sikohlwayo ukuwacukumisa.
20 Oku siya kukwenza kuwo, siwalondo-
loze kwa sebomini, ukuba kungabiko um-
sindo pezu kwetu, ngenxa yesifungo esa-



University of Fort Hare

siwafungela ngaso. 21 Zayo zisiti kubo
inkosi: Makahlale ekudhliweni kwobomi;
—aza aba ngabagauli benkuni nabakeleli
bamanzi kuyo yonke inklanganiso, nje-
ngokuba inkosi zibe zitshilo kuwo.
22 Waza u-Yoshuwa wawabiza, wateta
kuwo, esiti: Yinina ukuba usibukuqile
ngokuti: Sikude kakulu kuni, nxa nihle-
liyo pakati kwetu? 23 Ngako kaloku ni-
qalekisiwe; ngokuba kungayi kunqamka
kuni izicaka, nabagauli benkuni, nabake-
leli bamanzi, ngennxa yayo indhlu KATIXO
wami. 24 Ampendula u-Yoshuwa ati:
Ngokuba bekuqiniswa ukuxelwa ezicakeni
zako, okokuba UYEHOVA, UTIXO wako, um-
yalele u-Mosesi, isicaka sake, ukuba ani-
nike lonke elilizwe, nokuba abatshabalalise
bonke abemi belizwe kwa pambi kwenu,
kukona sabesiboyikela ubomi betu kakulu,
sada sayenza lento. 25 Kodwa kaloku,
nanku sisesandhleni sako; yenza ke, nje-
ngokulungileyo nanjengokufaneleyo eme-
hlweni ako ukwenza kuti. 26 Wenje njalo
ke kuwo, wawasindisa esandhleni sosapo
luka-Sirayeli, ukuba alwawabulala. 27
Waza u-Yoshuwa kwa ngalommini wawe-
nza abagauli benkuni nabakeleli bamanzi
enklanganisweni, nasesibingelweni SIKAYE-
HOVA, kwada kwanamhla nje, kulondawo
eya kunyulwa nguye.

10 KWAYE kute, xeshekweni bekuviwe
ngu-Adoni-tsedeki ukumkani we-Ye-
rusaleme, okokuba u-Yoshuwa seletimbile
i-Hahai, nokuba uyilahlele ekutshatyala-
lisweni; enzele njalo nje i-Hahai noku-
mkani wayo, njengokuba ebenzele i-Jeriko
nokumkani wayo; nokokuba abemi base-
Gibeyone benzile uxolo no-Sirayeli, no-
kuba bako pakati kwabo; 2 bandula boyi-
ka kakulu, ngokuba i-Gibeyone ibisisixeko
esikulu, njengesinye sezixeko zobukumka-
ni, nangokuba ibinkulu pezu kwe-Hahai,
nokuba onke amadoda ayo ebengamagora. 3
Ngako watuma u-Adoni-tsedeki ukumkani
we-Yerusaleme, ku-Hohame ukumkani we-
Hebrone, naku-Pirame ukumkani we-Yare-
mute, naku-Yafiya ukumkani we-Lakishe,
naku-Debire ukumkani we-Heglone, esiti:
4 Nyukani nize kumi, nindincede, ukuba
sibete i-Gibeyone; ngokuba ilwenzile u-
xolo no-Yoshuwa nosapo luka-Sirayeli. 5
Ngako bahlanganisana okumkani baba-
Amori bebahlanu, ukumkani we-Yerusa-
leme, ukumkani we-Hebrone, ukumkani
we-Yaremute, ukumkani we-Lakishe, no-
kumkani we-Heglone, kwa bona nayo
yonke imikosi yabo, benyuka ke, baya
bayiraula i-Gibeyone, balwa ngakuyo.
6 Aza amadoda ase-Gibeyone atuma ku-
Yoshuwa emnqubeni e-Gilegale, esiti: U-
ngabambi isandhla sako ezicakeni zako;
kauleza ukunyukela kuti, usisindise, usi-
ncede: ngokuba bebutelene ngakuti bonke
okumkani baba-Amori abahleliyo ezinta-
beni. 7 Wandula wenyuka u-Yoshuwa
e-Gilegale, yena nabo bonke abantu boku-
lwa kunye naye, kwa onke amagora abu-
roti. 8 Wayesiti UYEHOVA ku-Yoshuwa:
Ungaboyiki, ngokuba ndibanikile esa-
ndhleni sako; akuyi kuma namnye kubo
pambi kwako. 9 Waya u-Yoshuwa waba-
zuma, enyukile nje e-Gilegale ubusuku
bonke. 10 Waza UYEHOVA wabapitizelisa
pambi kwo-Sirayeli, ababulala ngesibu-
lalo esikulu ngase-Gibeyone, babasukela
ngendhlela yeqina lase-Bete-horone, baba-
beta kude kwase-Hazeka, nakude kwase-
Makeda. 11 Kwaza kwati, ekusabeni kwa-
bo ebusweni bo-Sirayeli, besetambekeni
lase-Bete-horone, wandula UYEHOVA waposa
pezu kwabo amatye amakulu ezulwini,
kwada kwase-Hazeka, bada bafa: babeba-
ninzi abo bafileyo ngezicoto, pezu kwabo
babuleweyo lusapo luka-Sirayeli ngesi-
rele.
12 Oko wateta u-Yoshuwa KUYEHOVA,
ngomhla UYEHOVA wabanikela aba-Amori
ebusweni bosapo luka-Sirayeli, wati pambi
kwamehlo abo o-Sirayeli: Langa, uti nqu-
mama pezu kwe-Gibeyone; nawe, nyanga,
pezu kwomhlambo wase-Ajalone! 13 Laza
lenqumama ilanga, yahlala nennyanga, ba-
da abantu bazipindezelela kwintshaba zabo.
Akubàlwanga na oku encwadini ka-
Yashere? Kwa njalo ilanga lati nqumama
ngasekuhlanganeni kwezulu, linganxama-
nga ukutshona nje wanga ngumhla upela.
14 Awabiko onjengawo umhla lowo, napa-
mbi kwawo nasemva kwawo, ukuba wapu-
lapula UYEHOVA ilizwi lomntu: ngokuba
UYEHOVA ebelwela o-Sirayeli. 15 Waza
u-Yoshuwa wabuyela emnqubeni e-Gile-
gale, nabo bonke o-Sirayeli kunye naye.
16 Kodwa okumkani abo bobahlanu be-
saba, baya bazimela emqolombeni e-Ma-
keda. 17 Kwaza kwaxelwa ku-Yoshuwa,
kusitwa: Bafunyenwe okumkani abo boba-
hlanu, bezimele emqolombeni e-Makeda.
18 Wayesiti u-Yoshuwa: Qengqani ama-



University of Fort Hare
Together in Excellence

tye amakulu ngasemlonyeni womqolomba,
niwamise amadoda ngakuwo ukuba abalinde:
19 kanti ningahlali nina, ziputumeni
intshaba zenu, nibabete abasemva
bazo: ningazivumeli ukuba zingene ezixekweni
zazo; ngokuba UYEHOVA, UTIXO
wenu, ezinikele esandhleni senu.
20 Kwaza kwati, nxa asel' egqibile u-Yoshuwa,
nosapo luka-Sirayeli, ukuzibulala
ngesibulalo esikulu kunene, zada zagqityelwa;
nokuba abaseleyo, abebesele kuzo,
bebengenile ezixekweni ezinqatyisiweyo;
21 bandula bonke abantu babuyela emnqubeni
ku-Yoshuwa, e-Makeda, ngoxolo:
bekungeko namntu owabaza ulwimi lwake
ngakulo usapo luka-Sirayeli.
22 Waza wati u-Yoshuwa: Nqikani umlomo
womqolomba, nindikupele okumkani
abo bobahlanu emqolombeni. 23 Benje
njalo ke, bamkupela okumkani abo bobahlanu
emqolombeni: ukumkani we-Yerusaleme,
ukumkani we-Hebrone, ukumkani
we-Yaremute, ukumkani we-Lakishe, nokumkani
we-Heglone. 24 Kwaza kwati,
bakuba bekupele ku-Yoshuwa okumkani
abo, wandula u-Yoshuwa wabiza onke amadoda
akwa-Sirayeli, wati kubapati bamadoda
okulwa, abebehambile naye: Sondelani,
nibeke innyawo zenu pezu kwentamo
zokumkani aba. Basondela ke, bazibeka
innyawo zabo pezu kwentamo zabo. 25
Waye u-Yoshuwa esiti kubo: Ningoyiki,
ningatuswa nokutuswa; yomelelani, nikalipe:
ngokuba kungokunjalo aya kwenza
UYEHOVA kuzo zonke intshaba zenu, eniya
kulwa nazo.
26 Wati u-Yoshuwa emva kwoko, wababeta,
wabafisa, waza wabaxòma pezu kwemiti
yamihlanu; baye bexòmeka pezu
kwemiti leyo kwada kwahlwa. 27 Kwaye
kute ngexesha lokutshona kwelanga, waxela
u-Yoshuwa ukuba mabatulwe emitini;
baza babaposa emqolombeni, apo babezimele
kona, bawabeka amatye amakulu emlonyeni
womqolomba, akoyo kwa namhla
nje.
28 Waye u-Yoshuwa kwa ngalommini
wayitimba i-Makeda, wayibeta ngohlangoti
lwerele; nokumkani wayo wamlahlela
ekutshatyalalisweni, bona, nayo yonke
imipefumlo ebikuyo: akashiya namnye
oseleyo: wenza nakukumkani we-Makeda,
njengokuba ebenze kukumkani we-Jeriko.
29 Wasuka u-Yoshuwa, nabo bonke
o-Sirayeli kunye naye, wagqita e-Makeda
waya e-Libena, walwa ngase-Libena.
30 Waza UYEHOVA wayinikela nayo, nokumkani
wayo, esandhleni so-Sirayeli; wayibeta
ngohlangoti lwerele, nayo yonke
imipefumlo ebikuyo; akashiya kuyo namnye
oseleyo; wenza nakukumkani wayo,
njengokuba ebenze kukumkani we-Jeriko.
31 Wasuka u-Yoshuwa, nabo bonke o-Sirayeli
kunye naye, wagqita e-Libena
waya e-Lakishe, wayiraula, walwa ngakuyo.
32 Waza UYEHOVA wanikela i-Lakishe esandhleni
so-Sirayeli; wayitimba ngemmini
yesibini, wayibeta ngohlangoti lwerele,
nayo yonke imipefumlo ebikuyo, njengako
konke abekwenzele i-Libena.
33 Oko wenyuka u-Horame, ukumkani
we-Gezere, ukuza kunceda i-Lakishe; kodwa
u-Yoshuwa wabeta yena nabantu
bake, ada akamshiyela namnye oseleyo.
34 Wasuka u-Yoshuwa, nabo bonke o-Sirayeli
kunye naye, wagqita e-Lakishe
waya e-Heglone; baza bayiraula, balwa
ngakuyo. 35 Bayitimba ke kwa ngalommini,
bayibeta ngohlangoti lwerele; nayo
yonke imipefumlo ebikuyo wayilahlela
ekutshatyalalisweni ngemmini leyo, njengako
konke abekwenzele i-Lakishe.
36 Wasuka u-Yoshuwa, nabo bonke o-Sirayeli
kunye naye, wenyuka e-Heglone
waya e-Hebrone; baza balwa ngakuyo.
37 Bayitimba ke, bayibeta ngohlangoti
lwerele, nokumkani wayo, nazo zonke izixeko
zayo, nayo yonke imipefumlo ebikuyo;
akashiya namnye oseleyo, njengako
konke abekwenzele i-Heglone; wayilahlela
ekutshatyalalisweni, nayo yonke imipefumlo
ebikuyo.
38 Waza wabuya u-Yoshuwa, nabo bonke
o-Sirayeli kunye naye, waya e-Debire,
walwa ngakuyo. 39 Wayitimba ke, nokumkani
wayo, nazo zonke izixeko zayo;
baza bababeta ngohlangoti lwerele, bayilahlela
ekutshatyalalisweni yonke imipefumlo
ebikuyo; akashiya namnye oseleyo;
njengokuba ebenze kuyo i-Hebrone, wenje
njalo kuyo i-Debire nakukumkani wayo,
nanjengokuba ebenze kuyo i-Libena nakukumkani
wayo.
40 Kwa njalo u-Yoshuwa wabeta lonke
ilizwe lasezintabeni, nelasesuyide, nelezihlambo,
nelemifula, nabo bonke okumkani
babo; akashiya namnye oseleyo;
kwa bonke abapefumlayo wabalahlela
ekutshatyalalisweni, njengokuba wabeya-



University of Fort Hare

lela UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli. 41 Waye
u-Yoshuwa wababeta *kuqaliwe* e-Kadeshe-
baneha kude *kwafikwa* e-Gaza, nalo lonke
ilizwe lase-Goshene, nakude kwase-Gibe-
yone. 42 Bonke okumkani aba, nelizwe
labo, wabatimba u-Yoshuwa ngexesha li-
nye: ngokuba UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
ebebalwela o-Sirayeli. 43 Waza u-Yoshu-
wa wabuyela emnqubeni e-Gilegale, nabo
bonke o-Sirayeli kunye naye.

11 KWAYE kute, xeshekweni u-Yabine,
ukumkani we-Hatsore, abevile *oku*, wa-
ndula watuma ku-Jobabe ukumkani we-Ma-
done, nakukumkani we-Shimrone, nakuku-
mkani we-Kashafe, 2 nakokumkani abanga-
senode ezintabeni, nasetafeni ngecala lasesu-
yide le-Kinerete, nasezihlanjeni, nasezindu-
lini zase-Dore ngaselwandhle, 3 *nakubo* aba-
Kanane ngasempumalanga nangasentsho-
nalanga, naba-Amori, nama-Hete, nama-
Perizi, nama-Yebusi ezintabeni, nama-Hivi
ngapantsi kwe-Heremone elizweni le-Mi-
tsipe. 4 Bapuma ke, bona nayo yonke imi-
kosi yabo kunye nabo, into enninzi yaba-
ntu, njengenklabati eselunxwemeni lwo-
lwandhle ukuba baninzi, kwa namahashe
nennqwelo zokulwa ngento enninzi kakulu.
5 Bati bakuba behlanganisene bonke oku-
mkani aba, beza bati waca ndawonye nga-
semanzini e-Merome, ukuba kuliwe no-
Sirayeli.
6 Waza UYEHOVA wati ku-Yoshuwa:
Ungoyiki ngennxa yabo; ngokuba ngomso
malunga nelixesha ndiya kubanikela bo-
nke bengababuleweyo ebusweni bo-Sira-
yeli: amahashe abo uya kuwasika umbo-
tshwa, nennqwelo zabo wozitshisa ngom-
lilo. 7 Waya u-Yoshuwa, nabo bonke
abantu bokulwa kunye naye, wabazuma
ngasemanzini e-Merome; baza babawela
ke. 8 Wandula UYEHOVA wabanikela esa-
ndhleni so-Sirayeli, ababeta, babasukela
kude kwase-Tsidone enkulu, nakude
kwase-Miserefote-mayime, nakude kwasem-
hlanjeni we-Mitsipe ngasempumalanga;
baye bebabeta, bada ababashiyela namnye
oseleyo. 9 Waza u-Yoshuwa wenza kubo
njengokuba ebemxelele UYEHOVA: amahashe
abo wawasika umbotshwa, nennqwelo zabo
wazitshisa ngomlilo.
10 Wayebuya u-Yoshuwa ngexesha elo,
wayitimba i-Hatsore; nokumkani wayo
wambeta ngerele: ngokuba i-Hatsore nga-
pambili ibiyinkloko yabo bonke ubuku-
mkani obo. 11 Baye bebeta yonke imi-
pefumlo ebikuyo ngohlangoti lwerele,
beyilahlela ekutshatyalalisweni: akwasala
namnye opefumlayo: ne-Hatsore wayi-
tshisa ngomlilo. 12 Zonke izixeko zoku-
mkani abo, nabo bonke okumkani bazo,
wabatimba u-Yoshuwa, wababeta ngohla-
ngoti lwerele, ebalahlela ekutshatyalali-
sweni, njengokuba wabeyalela u-Mosesi,
isicaka SIKAYEHOVA. 13 Kodwa zonke izi-
xeko ezibe zimi emimangweni yazo o-Sira-
yeli abazitshisa; kupela yi-Hatsore yodwa
wayitshisa u-Yoshuwa. 14 Nawo onke
amaxoba ezizixeko, nenkomo, lwazipangela
zona usapo luka-Sirayeli: kodwa bonke
abantu lwababeta ngohlangoti lwerele,
lwada lwabatshabalalisa; alwashiya nam-
nye opefumlayo. 15 Njengokuba UYEHOVA
ebemyalele u-Mosesi, isicaka sake, kwa
njalo u-Mosesi wamyalela u-Yoshuwa;
waye u-Yoshuwa esenje njalo ke; akabeka
nxamnye nannye into kuko konke UYEHOVA
abemyalele u-Mosesi ngako.
16 Kwa njalo u-Yoshuwa watabata lo-
nke elozwe, elasezintabeni, nalo lonke ela-
sesuyide, nalo lonke ilizwe le-Goshene,
nelezihlambo, neletafa, nentaba yakwa-
Sirayeli, nesihlambo sakuyo; 17 kwa sen-
tabeni ye-Halaki, enyukayo ngase-Sehire,
nakude kwase-Bali-gadi emhlanjeni we-
Lebanone, ngapantsi kwayo intaba ye-He-
remone: nabo bonke okumkani babo wa-
babamba, wababeta, wabafisa. 18 Yabi-
yimihla emininzi wenza u-Yoshuwa im-
fazwe ngakubo bonke okumkani aba. 19
Kwaye kungeko isixeko esenza uxolo no-
sapo luka-Sirayeli, ngapandhle kwama-
Hivi, abemi base-Gideyone: zonke lwazi-
timba ngokulwa. 20 Ngokuba bekuvela
KUYEHOVA ukugwenxisa inkliziyo zabo,
ukuba bapumele o-Sirayeli ukulwa, ukuze
babalahlele ekutshatyalalisweni, ukuba ku-
ngabiko kubo ufefe, kodwa ukuze baba-
tshabalalise, njengokuba UYEHOVA wabem-
yalela u-Mosesi.
21 Kweza u-Yoshuwa ngexesha elo, wa-
cita ama-Hanaki ezintabeni, e-Hebrone,
e-Debire, e-Hanabi, nakuzo zonke intaba
zakwa-Juda, nakuzo zonke intaba zakwa-
Sirayeli: u-Yoshuwa wawalahlela ekutsha-
tyalalisweni kunye nezixeko zawo. 22
Akwabi sashiywa ama-Hanaki elizweni
losapo luka-Sirayeli: kupela e-Gaza *nase-*
Gate, nase-Ashedode, kwako aseleyo.
23 Kwa njalo u-Yoshuwa watabata lo-



University of Fort Hare
Together in Excellence

nke elozwe, njengako konke abekutetile
UYEHOVA ku-Mosesi; waye u-Yoshuwa wa-
linika libe lilifa ko-Sirayeli, njengezahlulo
zabo ngezizwe zabo.
Laza ilizwe lapumla emfazweni.

12 KEKALOKU aba ngokumkani be-
lizwe, olwati usapo luka-Sirayeli lwa-
babeta, lwaza lwalifuya ilizwe labo pe-
sheya kwe-Yoredane ngasekupumeni kwe-
langa; kwa kuwo umlambo we-Arenone
kwada kwakuyo intaba ye-Heremone, nalo
lonke itafa ngasempumalanga: 2 u-Sihone
ukumkani waba-Amori, owahlala e-Heshe-
bone, epete ubukosi kwa kuyo i-Harohere
eselunxwemeni lwomlambo we-Arenone,
napakati kwentili, na*kuso* isiqingata se-
Gileyadi, kude kwakuwo umlambo we-
Yaboki, umda wosapo luka-Hamoni; 3 na-
*kulo* itafa kude kwakulo ulwandhle lwase-
Kinerete ngasempumalanga, nakude kwa-
kulo ulwandhle lwasetafeni, ulwandhle
olutyuwa, ngasempumalanga, endhleleni
yase-Bete-yeshimote; nangasesuyide pantsi
kwemifula yase-Pisega: 4 nomda ka-Hogi
ukumkani we-Bashane, oweliva lama-Rafa,
owahlala e-Hashetarote nase-Edrehi, 5
obepete ubukosi entabeni ye-Heremone,
nase-Saleka, nakuyo yonke i-Bashane, kude
kwakuwo umda wama-Geshure nama-Ma-
haka, nesiqingata se-Gileyadi, umda ka-
Sihone, ukumkani we-Heshebone. 6 *Aba*
u-Mosesi, isicaka SIKAYEHOVA, nosapo luka-
Sirayeli, bababeta: waza u-Mosesi, isicaka
SIKAYEHOVA, walinika *elozwe* libe yimfuyo
kuwo ama-Rubene, nakuwo ama-Gadi, na-
kuso isiqingata sesizwe sika-Manase.
7 Kanjalo aba ngokumkani belizwe,
owababetayo u-Yoshuwa, nosapo luka-Sira-
yeli, nganeno kwe-Yoredane ngasentsho-
nalanga, kwa kuyo i-Bali-gadi emhlanjeni
we-Lebanone, nakude kwasentabeni we-
Halaki, enyukayo ngase-Sehire; owati
u-Yoshuwa walinika ezizweni zo-Sirayeli
libe yimfuyo njengezahlulo zabo; 8 ezin-
tabeni, nasezihlanjeni, nasetafeni, nase-
mifuleni, nasenklango, nasesuyide: ama-
Hete, aba-Amori, naba-Kanane, ama-Perizi,
ama-Hivi, nama-Yebusi: 9 ukumkani we-
Jeriko, wamnye; ukumkani we-Hahai,
engecala le-Betele, wamnye; 10 uku-
mkani we-Yerusaleme, wamnye; ukumkani
we-Hebrone, wamnye; 11 ukumkani we-
Yaremute, wamnye; ukumkani we-Lakishe,
wamnye; 12 ukumkani we-Heglone, wa-
mnye; ukumkani we-Gezere, wamnye; 13
ukumkani we-Debire, wamnye; ukumkani
we-Gedere, wamnye; 14 ukumkani we-
Horema, wamnye; ukumkani we-Haradi,
wamnye; 15 ukumkani we-Libena, wa-
mnye; ukumkani we-Hadulame, wamnye;
16 ukumkani we-Makeda, wamnye; uku-
mkani we-Betele, wamnye; 17 ukumkani
we-Tapuwa, wamnye; ukumkani we-He-
fere, wamnye; 18 ukumkani we-Afeki,
wamnye; ukumkani we-Lasharone, wa-
mnye; 19 ukumkani we-Madone, wamnye;
ukumkani we-Hatsore, wamnye: 20 uku-
mkani we-Shimrone-merone, wamnye; uku-
mkani we-Kashafe, wamnye; 21 ukumkani
we-Tahanaki, wamnye; ukumkani we-Me-
gido, wamnye; 22 ukumkani we-Kedeshe,
wamnye; ukumkani we-Yokenamo, e-Ka-
ramele, wamnye; 23 ukumkani we-Dore
ezindulini zase-Dore, wamnye; ukumkani
wezizwe e-Gilegale, wamnye; 24 uku-
mkani we-Tiretsa, wamnye: bonke oku-
mkani bebengamashumi matatu anamnye.

13 KEKALOKU u-Yoshuwa ebemdala,
ekolisile ukuba nemihla; waza UYE-
HOVA wati kuye: Wena umdala, ukolisile
ukuba nemihla, kanti lininzi kakulu ilizwe
eliseleyo ukuba libanjwe. 2 Eli lilizwe
eliseleyo: yonke imida yama-Filistiya,
nayo yonke i-Geshure, 3 *kutabata* e-Shi-
hore, epambi kwe-Jipete, kude kube sem-
deni wase-Hekrone ngasenodo, ilizwe ela-
libalelwa aba-Kanane; inkosi ezinklanu
zama-Filistiya, ama-Gaza, nama-Ashedode,
ama-Ashekelone, ama-Gate, nama-He-
krone; kwa nama-Havi: 4 ngasesuyide,
lonke ilizwe laba-Kanane, ne-Mehara,
eyama-Tsidone, kude kube se-Afeki, kude
kube semdeni waba-Amori: 5 nelizwe
lama-Gebali, nayo yonke i-Lebanone nga-
sekupumeni kwelanga, *kutabata* e-Bali-gadi
ngapantsi kwentaba ye-Heremone, kude
kube sekungenweni kwe-Hamati. 6 Bo-
nke abemi bentaba, *kutabata* e-Lebanone
kude kube se-Miserefote-mayime, onke
ama-Tsidone, ndiya kubagqogqa mina pa-
mbi kwosapo luka-Sirayeli: kupela ulabe
ngeqashiso ko-Sirayeli libe lilifa, njenge-
kuba ndikuyalele. 7 Ngako kaloku yaba
elilizwe libe lilifa kwizizwe ezilitoba, na-
kwisiqingata sesizwe sika-Manase. 8 Ku-
nye naso *esinye isiqingata* ama-Rubene na-
ma-Gadi alamkele ilifa lawo, elo wawani-
kayo u-Mosesi pesheya kwe-Yoredane nga-



University of Fort Hare

sempumalanga, njengokuba u-Mosesi, isi-
caka SIKAYEHOVA, wawanika: 9 kwa kuyo
i-Harohere, eselunxwemeni lwomlambo we-
Arenone, nesixeko esipakati kwentili, nalo
lonke itafa lase-Medeba kude kwase-Di-
bone; 10 nazo zonke izixeko zika-Sihone,
ukumkani waba-Amori, obepete ubuku-
mkani e-Heshebone, kude kwakuwo umda
wosapo luka-Hamoni; 11 ne-Gileyadi,
nomda wama-Geshure nama-Mahaka, nayo
yonke intaba ye-Heremone, nayo yonke
i-Bashane kude kwase-Saleka; 12 bonke
ubukumkani buka-Hogi e-Bashane, obe-
pete ubukumkani e-Hashetarote nase-Edre-
hi: ngulowo obesele eliveni lama-Rafa,
owati u-Mosesi wawabeta, wawagqogqa.
13 Kodwa ama-Geshure nama-Mahaka
usapo luka-Sirayeli alugqogqanga wona;
koko ama-Geshure nama-Mahaka ahleli
pakati kwo-Sirayeli kwada kwanamhla nje.
14 Kupela isizwe sika-Levi akasinika-
nga ilifa: iminikelo eyenziwa ngomlilo
KAYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, yona ililifa
laso, njengokuba etshilo kuso.
15 Wanika u-Mosesi kwisizwe sosapo
luka-Rubene *ilifa*, ngezizalwane zalo. 16
Waye umda walo ubuse-Harohere, eselu-
nxwemeni lwomlambo we-Arenone, ne-
sixeko esipakati kwentili, nalo lonke
itafa langase-Medeba; 17 i-Heshebone,
nazo zonke izixeko zayo ezisetafeni; i-
Dibone, ne-Bamote-bali, ne-Bete-bali-
mehone, 18 ne-Yahetsa, ne-Kedemote, ne-
Mefahate, 19 ne-Kiriyatayime, ne-Sibama,
ne-Tserete-shahare entabeni yasemhla-
njeni, 20 ne-Bete-pehori, nemifula yase-
Pisega, ne-Bete-yeshimote, 21 nazo zonke
izixeko zasetafeni, nabo bonke ubuku-
mkani buka-Sihone, ukumkani waba-Amo-
ri, obepete ubukumkani e-Heshebone, lowo
u-Mosesi wambetayo kunye nenkosi zama-
Midiyane, u-Evi, no-Rekeme, no-Tsure, no-
Hure, no-Reba, ababezinkosana zika-Si-
hone, zihleli kwelozwe. 22 No-Bilame,
unyana ka-Behori, umlauli, lwambulala
usapo luka-Sirayeli ngesirele pakati kwa-
bahlatyiweyo lulo. 23 Kwa njalo umda
wosapo luka-Rubene ubuyi-Yoredane, kwa
nomda *wakona*. Lilo eli ilifa losapo luka-
Rubene ngezizalwane zalo, izixeko nemizi
yazo.
24 Wanika u-Mosesi kwisizwe sika-
Gadi, kulo usapo luka-Gadi, *ilifa*, ngeziza-
lwane zalo. 25 Waye umda walo ubuyi-
Yahezere, nazo zonke izixeko zase-Gile-
yadi, nesiqingata selizwe losapo luka-
Hamoni, kude kwase-Harohere engapambi
kwe-Raba; 26 nakuyo i-Heshebone kude
kwase-Rama-mitsipe nase-Betonime; na-
kuyo i-Mahanayime kude kwakuwo umda
we-Debire; 27 nasemhlanjeni, i-Bete-hara-
me, ne-Bete-nimra, ne-Sukote, ne-Tsafone,
isisalela sobukumkani buka-Sihone uku-
mkani we-Heshebone; i-Yoredane, nomda
*wakona*, kude kwasesipelweni solwandhle
lwase-Kinerete pesheya kwe-Yoredane
ngasempumalanga. 28 Lilo eli ilifa losapo
luka-Gadi ngezizalwane zalo, izixeko ne-
mizi yazo.
29 Wanika u-Mosesi kwisiqingata sesi-
zwe sika-Manase *ilifa*; elibe lelesiqingata
sesizwe sosapo luka-Manase, ngezizalwane
zalo. 30 Waye umda walo ubuse-Mahana-
yime, yonke i-Bashane, bonke ubukumkani
buka-Hogi ukumkani we-Bashane, nayo
yonke imizi ka-Yahire, ese-Bashane, izi-
xeko ezingamashumi matandatu. 31 *Kwa-
nikwa* nesiqingata se-Gileyadi, ne-Hasheta-
rote, ne-Edrehi, izixeko zasebukumkanini
buka-Hogi e-Bashane, elusatsheni luka-
Makire unyana ka-Manase, kwisiqingata
sosapo luka-Makire, ngezizalwane zalo.
32 Ngawo la *amafa* owawabayo u-Mo-
sesi, ematafeni ase-Mowabi, pesheya kwe-
Yoredane, *malungana* ne-Jeriko, ngasempu-
malanga. 33 Kodwa isizwe sika-Levi u-
Mosesi akasinikanga ilifa: UYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli, nguye olilifa labo, njengokuba
etshilo kubo.

14 KANJAKO ngawo la *amafa* usapo
luka-Sirayeli lwawamkela elizweni le-
Kanane, abalwabela wona u-Elezari umpe-
risite, no-Yoshuwa unyana ka-Nune, naba-
zinkloko *zendhlu* zoyise zezizwe zosapo
luka-Sirayeli. 2 *Kwabiwa* ngeqashiso ilifa
lalo, njengokuba UYEHOVA ebeyalele ngesa-
ndhla sika-Mosesi, elezizwe ezilitoba nesi-
qingata sesizwe: 3 ngokuba u-Mosesi ebe-
nikile ilifa lezizwe ezibini nesiqingata
sesizwe pesheya kwe-Yoredane: kodwa
aba-Levi akabanikanga ilifa pakati kwalo.
4 Ngokuba usapo luka-Josefe beluzizizwe
zibini, esika-Manase nesika-Frayime: nga-
ko bebenganiki isabelwa kuba-Levi eli-
zweni, kupela izixeko zokuhlala, nemiqelo
zazo zibe zezenkomo zabo nezempahla
yabo. 5 Njengokuba UYEHOVA ebemyalele
u-Mosesi, lwenje njalo ke usapo luka-Sira-
yeli, lwalaba ilizwe.


University of Fort Hare
Together in Excellence

6 Lwandula lwasondela usapo luka-Juda
ku-Yoshuwa e-Gilegale; waza u-Kalebi,
unyana ka-Jefune um-Kenazi, wati kuye:
Uyayazi wena into wabeyiteta UYEHOVA
ku-Mosesi, indoda KATIXO, ngokwami na-
ngokwako e-Kadeshe-baneha. 7 Bendi-
ngominyaka imashumi mane ubudala bami,
uxa u-Mosesi, isicaka SIKAYEHOVA, wandi-
susayo e-Kadeshe-baneha ukuya kuhlola
ilizwe; ndada ndamzisela impendulo, nje-
ngokuba kube kunjalo enkliziyweni yami.
8 Kanti abazalwana bami, ababenyuke
nami, banyibilikisa inkliziyo zabantu:
mina kodwa ndakolisa ukulandela UYE-
HOVA, UTIXO wami. 9 Wayefunga u-Mo-
sesi ngomhla lowo, esiti: Ngennyaniso
lomhlaba innyawo zako zinyatele pezu
kwawo, woba lilifa lako nelabantwana
bako kude kube ngunapakade! ngokuba
ukolisile ukulandela UYEHOVA, UTIXO wami.
10 Kekaloku bona ke, UYEHOVA undilondo-
lozile ebomini, njengokuba etshilo, lemi-
nyaka imashumi mane anamihlanu, kwa
kuseloko UYEHOVA wabeteta elilizwi ku-
Mosesi, okuya o-Sirayeli bebehamba enkla-
ngo: nakaloku, nanku namhla ndingomi-
nyaka ingamashumi asibozo anamihlanu
ubudala bami. 11 Ndisomelele namhla
nje, njengokuba bendinjalo emhleni wa-
nditumayo u-Mosesi; njengokuba ama-
ndhla ami ebenjalo oko, akwa njalo ama-
ndhla ami kaloku, ngokulwa, nangoku-
puma, nangokungena. 12 Ngako kaloku
ndipe lentaba, owati UYEHOVA wateta ngayo
ngomhla lowo: ngokuba ubusiva wena
ngomhla lowo, okokuba ama-Hanaki akona,
nezixeko ezikulu ezinqatyisiweyo: kungati
UYEHOVA woba nami, ukuba ndiwagqogqe,
njengokuba etshilo UYEHOVA.
13 Wandula u-Yoshuwa wamtamsanqe-
lisa, wayinika i-Hebrone ku-Kalebi unyana
ka-Jefune ibe lilifa *lake*. 14 Ngako oko
i-Hebrone yaba lilifa lika-Kalebi unyana
ka-Jefune um-Kenazi kwada kwanamhla
nje; ngennxa yokuba wakolisa ukulandela
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli. 15 Igama le-
Hebrone ngapambili laliyi-Kiriyate-areba;
obengumntu omkulu pakati kwama-Hanaki
*u-Areba lowo.*
Laye ilizwe lapumla emfazweni.

15 Kekaloku iqashiswa lesizwe sosapo
luka-Juda, ngezizalwane zalo, beli-
semdeni we-Edome, inklango ye-Tsine
ngasesuyide, ngasesipelweni sesuyide.
2 Waye umda walo wasesuyide wavela
esipelweni solwandhle olutyuwa, ecwebeni
elibeka ngasesuyide; 3 waza wapumela
ecaleni lasesuyide leqina lase-Hakerabime,
wadhlulela e-Tsine, wenyuka esuyide waya
e-Kadeshe-baneha, wadhlulela e-Hetse-
rone, wenyukela e-Adari, wajikela e-Kara-
ka; 4 waza wadhlulela e-Hatsemone, wa-
pumela emlanjeni wase-Jipete; nokupela
kwawo umda lowo kwakuselwandhle:
nguwo lo oya kuba ngumda wenu wasesu-
yide.
5 Kanjalo umda wasempumalanga wau-
lulwandhle olutyuwa, kude kwasesipelwe-
ni se-Yoredane.
Nomda ongecala lasenode wona wavela
ecwebeni lolwandhle, esipelweni se-Yore-
dane: 6 waza umda lowo wenyukela e-
Bete-hogela, wadhlula ngecala lasenode le-
Bete-haraba; wabuya wenyuka umda lowo
waya elityeni lika-Bohane unyana ka-
Rubene: 7 wenyuka kanjalo umda lowo
waya ngase-Debire uvela emhlanjeni we-
Hakore, *wasinga* ngasenode, ubeka ngase-
Gilegale, emalungana neqina lase-Adumi-
me, engecala lasesuyide lomlambo: wa-
dhlula ke umda lowo waya ngasemanzini
ase-Hene-shemeshe, nokupela kwawo kwa-
kuse-Hene-Rogele: 8 waza wenyuka umda
lowo ngesihlambo sonyana ka-Hinome
waya ecaleni lasesuyide le-Yebusi, ekwa
yiyo i-Yerusaleme: wabuya wenyuka umda
lowo waya engcotsheni yentaba epambi
kwesihlambo sika-Hinome ngasentshonala-
nga, esisesipelweni somhlambo wama-Rafa
ngasenode: 9 waza umda lowo woluka
engcotsheni yentaba waya emtonjeni wa-
manzi ase-Nefetowa, wada wapumela ezi-
xekweni zasentabeni ye-Hefrone: wabuya
woluka umda lowo waya e-Bahala, ekwa
yiyo i-Kiriyate-yarime: 10 waza wajika
umda lowo e-Bahala ngasentshonalanga
waya entabeni ye-Sehire, wadhlulela eca-
leni le-Hari-yarime ngasenode, ekwa
yiyo i-Kesalone, wehlela e-Bete-shemeshe,
wadhlulela e-Timna: 11 waza umda lowo
wapumela ecaleni le-Hekrone ngasenode;
wandula umda lowo wolukela ngase-Shi-
krone, wadhlulela entabeni ye-Bahala, wa-
pumela e-Yabinele; nokupela kwomda
lowo kwakuselwandhle.
12 Kanjalo umda wasentshonalanga wa-
ululwandhle olukulu, nomda *wakona*.
Nguwo lo umda wosapo luka-Juda
ngento engqongayo, ngezizalwane zalo.
13 No-Kalebi, unyana ka-Jefune, wam-



University of Fort Hare

nika isabelwa pakati kwosapo luka-Juda,
ngelizwi LIKAYEHOVA ku-Yoshuwa, isixeko
sika-Areba uyise ka-Hanaki, esiyiyo i-
Hebrone. 14 Waye u-Kalebi wagqogqa
apo onyana bobatatu baka-Hanaki, o-She-
shai, no-Ahimane, no-Talemai, abenzalo
ka-Hanaki. 15 Waza wenyuka kona waya
kubo abemi base-Debire; kekaloku igama
le-Debire ngapambili laliyi-Kiriyate-se-
fere. 16 Wayesiti u-Kalebi: Lowo obetayo
i-Kiriyate-sefere, ayitimbe ke, sendiya
kumnika u-Hakesa, intombi yami, abe
ngumfazi. 17 Wasuka u-Hotineli unyana
ka-Kenazi, umzalwana ka-Kalebi, wayiti-
mba: waza wamnika u-Hakesa, intombi
yake, abe ngumfazi. 18 Kwaye kute, eku-
zeni kwake *endodeni*, wayivusa ukuba icele
kuyise intsimi; wandul' ukuhlika eqwara-
sheni; waza u-Kalebi wati kuye: Ufuna
'nto nina? 19 Wayesiti: Ndipe itamsa-
nqa; ngokuba undipile ilizwe lasesuyide;
ndipe kanjalo imitombo yamanzi. Waza
wampa imitombo yasenkla nemitombo ya-
sezantsi.
20 Lilo eli ilifa lesizwe sosapo luka-
Juda, ngezizalwane zalo.
21 Kekaloku nazi izixeko ezisesipelweni
sesizwe sosapo luka-Juda ngasemdeni we-
Edome esuyide: i-Kabetsele, ne-Hedere,
ne-Yagure, 22 ne-Kina, ne-Dimona, ne-
Hadada, 23 ne-Kedeshe, ne-Hatsore, ne-
Yitenane, 24 i-Zifi, ne-Teleme, ne-Beha-
lote, 25 ne-Hatsore-hadata, ne-Keriyote,
i-Hetserone, ekwa yiyo i-Hatsore, 26 i-
Amame, ne-Shema, ne-Molada, 27 ne-
Hatsare-gada, ne-Heshemone, ne-Bete-pa-
lete, 28 ne-Hatsare-shuhali, ne-Beresheba,
ne-Biziyoteya, 29 i-Bahala, ne-Hiyime,
ne-Hatseme, 30 ne-Letoladi, ne-Kesile,
ne-Horema, 31 ne-Tsikilage, ne-Madema-
na, ne-Santsana, 32 ne-Lebawote, ne-Shi-
lime, ne-Hayine, ne-Rimone: zonke izixeko
zingamashumi mabini anetoba, nemizi yazo.
33 *Ezi*sezihlanjeni, yi-Shetawoli, ne-
Tsoreha, ne-Ashena, 34 ne-Zanoha, ne-
Hene-ganime, i-Tapuwa, ne-Hename, 35
i-Yaremute, ne-Hadulame, i-Soko, ne-Ha-
zeka, 36 ne-Sharayime, ne-Haditayime,
ne-Gedera, ne-Gederotayime; izixeko ezi-
lishumi linazine, nemizi yazo: 37 i-Tsena-
ne, ne-Hadasha, ne-Migidale-gadi, 38 ne-
Dilane, ne-Mitsipe, ne-Yokitele, 39 i-La-
kishe, ne-Botsekate, ne-Heglone, 40 ne-
Kabone, ne-Lahemasi, ne-Kitilishe, 41 ne-
Gederote, i-Bete-dagone, ne-Nahama, ne-
Makeda; izixeko ezilishumi linazitandatu,
nemizi yazo: 42 i-Libena, ne-Hetere, ne-
Hashane, 43 ne-Yifeta, ne-Ashena, ne-Ne-
tsibe, 44 ne-Kehila, ne-Kazibe, ne-Mare-
sha; izixeko ezilitoba, nemizi yazo: 45
i-Hekrone, namagxamesi ayo, nemizi yayo;
46 *kutatyatwa* e-Hekrone kude kube selwa-
ndhle, zonke ezingasecaleni le-Ashedode,
nemizi yazo; 47 i-Ashedode, amagxamesi
ayo nemizi yayo; i-Gaza, amagxamesi ayo
nemizi yayo, kude kube kuwo umlambo
wase-Jipete, nolwandhle olukulu, nomda
*wakona*.
48 N*ezi*sezintabeni, yi-Shamire, ne-Ya-
tire, ne-Soko, 49 ne-Dana, ne-Kiriyate-
sana, ekwa yiyo i-Debire, 50 ne-Ha-
nabi, ne-Shetemo, ne-Hanime, 51 ne-Go-
shene, ne-Holone, ne-Gilo; izixeko ezili-
shumi linesinye, nemizi yazo: 52 i-Arabe,
ne-Duma, ne-Shehane, 53 ne-Yanume, ne-
Bete-tapuwa, ne-Afeka, 54 ne-Humeta, ne-
Kiriyate-areba, ekwa yiyo i-Hebrone, ne-
Tsihore; izixeko ezilitoba, nemizi yazo:
55 i-Mahone, i-Karamele, ne-Zifi, ne-Yuta,
56 ne-Yezerele, ne-Yokedame, ne-Zanoha,
57 i-Kayine, i-Gibeha, ne-Timna; izixeko
ezilishumi, nemizi yazo: 58 i-Halehule,
i-Bete-tsure, ne-Gedore, 59 ne-Maharate,
ne-Bete-hanote, ne-Letekone; izixeko ezi-
tandatu, nemizi yazo: 60 i-Kiriyate-bali,
ekwa yiyo i-Kiriyate-yarime, ne-Raba;
izixeko ezibini, nemizi yazo.
61 *Ezi*senklango, yi-Bete-haraba, i-Mi-
dine, ne-Sekaka, 62 ne-Nibeshane, nesi-
xeko se-Tyuwa, ne-Hene-gedi: izixeko ezi-
tandatu, nemizi yazo.
63 Kodwa ama-Yebusi, abemi base-
Yerusaleme, usapo luka-Juda lwakohlwa
ukuwagqogqa: ngako ama-Yebusi ahleli
nosapo luka-Juda e-Yerusaleme, kude kwa-
namhla nje.

16 KWAYE kupuma iqashiswa losapo
luka-Josefe e-Yoredane, *malungana*
ne-Jeriko, laya emanzini ase-Jeriko nga-
sempumalanga, enklango enyukayo e-Yore-
dane ngentaba yase-Betele; 2 laza lapuma
e-Betele laya e-Luze, ladhlulela emdeni
wama-Areki e-Hatarote; 3 landula lehla
ngasentshonalanga laya emdeni we-Yafe-
leti, kude kwasemdeni we-Bete-horone
yasezantsi, nase-Gezere: nokupela kwalo
kwakuselwandhle. 4 Kwa njalo onyana
baka-Josefe, u-Manase no-Frayime, bam-
kela ilifa labo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

5 Kekaloku nangu umda wosapo luka-
Frayime, ngezizalwane zalo: umda welifa
lalo ngasempumalanga ubuyi-Hatarote-
adari kude kwase-Bete-horone yasenkla;
6 waza umda lowo wapumela ngaselwa-
ndhle e-Mikemetate ngecala lasenode, wa-
jika *apo* umda lowo waya ngasempumala-
nga e-Tahanate-shilo, wadhlula kona nge-
cala lasempumalanga waya e-Yanoha; 7
wehla e-Yanoha waya e-Hatarote, nase-
Naharate, wafikela e-Jeriko, wapela e-Yore-
dane. 8 Uvela e-Tapuwa waya umda lowo
ngasentshonalanga emlanjeni we-Kana;
nokupela kwawo kwakuselwandhle. Lilo
eli ilifa lesizwe sosapo luka-Frayime nge-
zizalwane zalo: 9 *kunye* nezixeko ezahlu-
lelwa usapo luka-Frayime pakati kwelifa
losapo luka-Manase; zonke izixeko ezo
nemizi yazo. 10 Kodwa alwagqogqa aba-
Kanane abebemi e-Gezere; koko aba-
Kanane behleli pakati kwama-Frayime
kude kwanamhla nje, benikela ngen-
konzo.

17 Kwaye kuko iqashiswa nakwisizwe
sika-Manase; ngokuba yena ebengo-
wamazibulo ka-Josefe: ku-Makire, owa-
mazibulo ka-Manase, uyise ka-Gileyadi,
ngokuba ebeyindoda yokulwa, kukona
*kwanikwa* kuye i-Gileyadi ne-Bashane. 2
Kwaye kuko nakubantwana baka-Manase
abaseleyo *iqashiswa*, ngezizalwane zabo:
kulo usapo luka-Abihezere, nakulo usapo
luka-Heleki, nakulo usapo luka-Asiriyeli,
nakulo usapo luka-Shekeme, nakulo usapo
luka-Hefere, nakulo usapo luka-Shemida:
aba ngabantwana baka-Manase unyana ka-
Josefe ababudoda, ngezizalwane zabo.
3 Kodwa u-Tselofehadi, unyana ka-He-
fere, unyana ka-Gileyadi, unyana ka-Ma-
kire, unyana ka-Manase, ebengenabo onya-
na, wanentombi kupela: ngawo la ama-
gama entombi zake: ngu-Mahala, no-Noha,
*no*-Hogela, *no*-Mileka, no-Tiretsa. 4 Baye
bona besondela ebusweni buka-Elezari
umperisite, nasebusweni buka-Yoshuwa
unyana ka-Nune, nasebusweni benkosi, be-
siti: UYEHOVA wamyalela u-Mosesi ukuba
sinikwe ilifa pakati kwabazalwana betu.
Waza wabanika, ngelizwi LIKAYEHOVA,
ilifa pakati kwabazalwana boyise.
5 Kwa njalo kwawa izahlulo ezilishumi
ku-Manase, ngapandhle kwelizwe le-Gile-
yadi ne-Bashane, elipesheya kwe-Yore-
dane; 6 ngokuba intombi zika-Manase za-
mkela ilifa pakati kwonyana bake: neli-
zwe le-Gileyadi lona onyana baka-Manase
abaseleyo bebenalo.
7 Kekaloku umda ka-Manase wavela e-
Ashere waya e-Mikemetate, engapambi
kwe-Shekeme; wasuka umda lowo waya
ngasekunene, kubo abemi base-Hene-tapu-
wa. 8 U-Manase ebenalo ilizwe lase-
Tapuwa, kodwa i-Tapuwa, esemdeni ka-
Manase, yona usapo luka-Frayime belunayo.
9 Waza umda lowo wehlela emlanjeni we-
Kana, ngasecaleni lasesuyide lomlambo:
ezizixeko zibe zizezika-Frayime, pakati
kwezixeko zika-Manase. Kanjalo umda
ka-Manase ubusecaleni lasenode lomlambo,
nokupela kwawo kwakuselwandhle: 10
ngasesuyide libe lilelika-Frayime, nangase-
node libe lilelika-Manase, nolwandhle lwa-
lungumda wake; baye befikela kwa-Ashere
ngasenode, nakwa-Yisakare ngasempuma-
langa. 11 Ngokuba kwa-Yisakare nakwa-
Ashere u-Manase ebene-Bete-shane nama-
gxamesi ayo, ne-Yibelame namagxamesi
ayo, nabemi base-Dore namagxamesi ayo,
nabemi base-Hene-dore namagxamesi ayo,
nabemi base-Tahanaki namagxamesi ayo,
nabemi base-Megido namagxamesi ayo,
amazwe amatatu. 12 Kodwa usapo luka-
Manase belukohlwa kukubagqogqa *abemi*
bezozixeko; koko aba-Kanane bebetanda
ukuhlala kwelozwe. 13 Kwaza kwati,
xeshekweni luse lwomelele usapo luka-
Sirayeli, lwabenza aba-Kanane babe ngaba-
nikeli; kodwa alwabagqogqa ngokugqibela.
14 Lwandula lwateta usapo luka-Josefe
ku-Yoshuwa, lusiti: Yinina ukuba undini-
kile libe lilifa iqashiswa linye nesahlulo
sinye *kupela*, ndingabantu abaninzi nje,
njengokuba UYEHOVA enditamsanqele kwa-
da kwakaloku? 15 Waza wati kulo u-Yo-
shuwa: Ungabantu abaninzi nje, nyuka
uye ehlatini, uzihlahlele kwa lapo elizweni
lama-Perizi nelama-Rafa, ukuba iximene
kuwe intaba yakwa-Frayime. 16 Lwabuya
usapo luka-Josefe lwati: Intaba leyo ayisa-
nelo; kanjalo kuko inqwelo zesinceto
pakati kwabo bonke aba-Kanane abemiyo
elizweni lasemhlanjeni, kwabase-Bete-
shane namagxamesi ayo, nakwabasemhla-
njeni wase-Yezerele. 17 Waza watsho u-
Yoshuwa kwindhlu ka-Josefe, ko-Frayime
nako-Manase, ukuti: Ungabantu abaninzi,
unamandhla amakulu; akuyi kuba nalo
iqashiswa linye *kupela*: 18 koko intaba iya
kuba yeyako; ngokuba ilihlati, wauya
kulihlahla, ziti izipumo zalo zibe zezako:



University of Fort Hare

ngokuba uya kubagqogqa aba-Kanane, na-
kuba banennqwelo zesinceto, nakuba bome-
lele *kanjako*.

18 YAZA yahlanganisana yonke inkla-
nganiso yosapo luka-Sirayeli e-Shilo,
yamisa kona intente yenklangano. Lati
ilizwe leyiswa pambi kwalo.
2 Kwaye kusala pakati kwosapo luka-
Sirayeli izizwe zazisixenxe, ezingekabe-
lwanga ilifa lazo. 3 Ngako u-Yoshuwa
wati elusatsheni luka-Sirayeli: Kwoda
kube ninina eniya kunqena ukuya kufuya
ilizwe, enilipiweyo NGUYEHOVA, UTIXO wo-
yihlo benu? 4 Kupani amadoda abe ma-
tatu ngesizwe ngesizwe, endiya kuwa-
tuma, ukuba esuke acande elizweni, aliba-
lise ngokwelifa lawo, *abuye* eze kumi. 5
Aeya kuzabela lona ngezabiwo ezisixenxe:
u-Juda uya kuhlala pezu kwomda wake
ngasesuyide, nendhlu ka-Josefe bona bo-
hlala pezu kwomda wabo ngasenode. 6
Nina ngoko niya kubalisa ilizwe ngeza-
biwo ezisixenxe, nize nizise *imbaliso* kumi
kulendawo, ukuba ndinenzele amaqashiso
apa pambi KWOYEHOVA, UTIXO wetu. 7 Ngo-
kuba aba-Levi bengenaso isabelwa pakati
kwenu; koko ubuperisite BUKAYEHOVA bu-
lilifa labo: kanjako u-Gadi, no-Rubene, ne-
siqingata sesizwe sika-Manase, sebela-
mkele ilifa labo pesheya kwe-Yoredane nga-
sempumalanga, abalinikiweyo ngu-Mosesi,
isicaka SIKAYEHOVA.
8 Aza esuka amadoda lawo, emka ke.
Waye u-Yoshuwa eyalele abo bemkayo
ukuya kubalisa ilizwe, ngokuti: Hambani
nicande elizweni, nilibalise; nize nibu-
yele kumi, ukuba ndinenzele apa amaqa-
shiso pambi KWOYEHOVA e-Shilo. 9 Emka
ke amadoda lawo, adhlula pakati kwelizwe,
alibalisa ngezixeko *zalo* ngezabiwo ezisi-
xenxe encwadini, *abuya* eza ku-Yoshuwa
emnqubeni e-Shilo. 10 Waza u-Yoshuwa
wawenzela amaqashiso e-Shilo pambi KWO-
YEHOVA: waye u-Yoshuwa kanjalo wabela
kona ilizwe elusatsheni luka-Sirayeli, nje-
ngezahlulo zalo.
11 Kwaye kunyuka iqashiso lesizwe so-
sapo luka-Benjamine, ngezizalwane zalo:
wapuma umda weqashiswa lalo pakati
kwosapo luka-Juda nosapo luka-Josefe.
12 Wabuvela umda walo, ngecala lase-
node, e-Yoredane; waza wenyuka umda
lowo waya ecaleni le-Jeriko ngasenode, wa-
buya wenyuka ngentaba ngasentshonala-
nga, nokupela kwawo kwakusenklango
yase-Betavene. 13 Wagqita kona umda
lowo waya ngase-Luze, ecaleni le-Luze,
ekwa yiyo i-Betele, ngasesuyide; waza
umda lowo wehlela e-Hatarote-adari, nga-
sentabeni esecaleni lasesuyide le-Bete-ho-
rone yasezantsi.
14 Woluka umda lowo, wajikela ecaleni
lolwandhle ngasesuyide, uvela entabeni
epambi kwayo i-Bete-horone ngasesuyide;
nokupela kwawo kwakuse-Kiriyate-bali,
ekwa yiyo i-Kiriyate-yarime, isixeko sosapo
luka-Juda: eli licala lasentshonalanga.
15 Lavela icala lasesuyide esipelweni
se-Kiriyate-yarime; wapuma umda lowo
waya ngasentshonalanga, wapumela emto-
njeni wamanzi ase-Nefetowa: 16 waza umda
lowo wehlela esipelweni sentaba epambi
kwaso isihlambo sonyana ka-Hinome, esi-
semhlanjeni wama-Rafa ngasenode; wa-
ndula wehlela esihlanjeni sika-Hinome,
ecaleni le-Yebusi ngasesuyide, wehla ka-
njalo waya e-Hene-rogela; 17 waza wo-
luka enode, wapumela e-Hene-shemeshe;
wapuma *kona* waya e-Gelilote, emalungana
neqina lase-Adumime, wehlela elityeni
lika-Bohane unyana ka-Rubene, 18 wa-
dhlulela ecaleni elimalungana ne-Haraba
ngasenode, waza wehlela e-Haraba: 19 wa-
dhlula ke umda lowo waya ecaleni le-Bete-
hogela ngasenode: nokupela kwawo umda
lowo kwakusecwebeni lasenode lolwa-
ndhle olutyuwa, esipelweni sasesuyide se-
Yoredane: nguwo lo umda wasesuyide.
20 Kanjalo i-Yoredane ibingumda walo
ngecala lasempumalanga.
Eli lilifa losapo luka-Benjamine, ngemi-
da yalo engqongayo, ngezizalwane zalo.
21 Kekaloku nazi izixeko zesizwe sosapo
luka-Benjamine, ngezizalwane zalo: i-Jeri-
ko, ne-Bete-hogela, nomhlambo we-Ketsi-
tse, 22 ne-Bete-haraba, ne-Tsemarayime, ne-
Betele, 23 ne-Havime, ne-Para, ne-Hofera,
24 ne-Kefari-hamonai, ne-Hofeni, ne-Gaba;
izixeko ezilishumi linazibini nemizi yazo:
25 i-Gibeyone, ne-Rama, ne-Berote, 26 ne-
Mitsipe, ne-Kefira, ne-Motsa, 27 ne-Reke-
me, ne-Yiripele, ne-Tarala, 28 ne-Tsela,
*ne*-Elefe, ne-Yebusi, ekwa yiyo i-Yerusa-
leme, *ne*-Gibehate, *ne*-Kiriyate; izixeko
ezilishumi linazine, nemizi yazo.
Eli lilifa losapo luka-Benjamine, ngezi-
zalwane zalo.

19 Laza iqashiso lesibini lapumela u-Si-
mone, kwa isizwe sosapo luka-Simone,



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngezizalwane zalo: laye ilifa lalo lipakati
kwelifa losapo luka-Juda. 2 Naselifeni
lalo lwalune-Beresheba, ne-Sheba, ne-Mo-
lada, 3 ne-Hatsare-shuhali, ne-Bala, ne-
Hatseme, 4 ne-Letoladi, ne-Betule, ne-Ho-
rema, 5 ne-Tsikilage, ne-Bete-marakabote,
ne-Hatsare-susa, 6 ne-Bete-lebawote, ne-
Sharuhene; izixeko ezilishumi linazitatu,
nemizi yazo: 7 i-Hayine, *ne*-Rimone, ne-
Hetere, ne-Hashane; izixeko ezine, nemizi
yazo: 8 nayo yonke imizi ebingqongayo
izixeko ezo, kwada kwase-Bahalate-bere,
e-Rama yasesuyide.

Eli lilifa lesizwe sosapo luka-Simone,
ngezizalwane zalo. 9 *Lacatshulwa* esahlu-
lweni sosapo luka-Juda ilifa losapo luka-
Simone: ngokuba isabelwa sosapo luka-
Juda besisikulu kulo; ngako usapo luka-
Simone lwamkela ilifa pakati kwelifa lalo.

10 Laza iqashiso lesitatu lenyukela
usapo luka-Zebulone, ngezizalwane zalo.
Waya umda welifa lalo kwada kwase-Sa-
ride: 11 waza umda walo wenyukela nga-
sentshonalanga ne-Marala, wafikela e-Da-
bashete, wafikela nasemlanjeni opambi
kwayo i-Yokename; 12 waza wabuya e-
Saride ngapambili, ngasekupumeni kwe-
langa, waya emdeni wase-Kiselote-tabore,
wapumela e-Daberate, wenyukela e-Ya-
fiya; 13 wadhlula kona ngapambili, nga-
sempumalanga, waya e-Gate-hefere, *nase*-
Hete-katsine, wapumela e-Rimone, wolu-
kela e-Neha; 14 waza umda lowo wajika
kona ngasenodo waya e-Hanatone; noku-
pela kwawo kwakusesihlanjeni se-Yifeta-
ele: 15 ne-Katate, ne-Nahalali, ne-Shimro-
ne, ne-Yidala, ne-Beteleheme; izixeko e-
zilishumi linazibini, nemizi yazo.

16 Eli lilifa losapo luka-Zebulone, nge-
zizalwane zalo, izixeko ezi nemizi yazo.

17 Iqashiso lesine lapumela u-Yisakare,
kwa usapo luka-Yisakare, ngezizalwane
zalo. 18 Waya umda walo ngase-Yezerele,
ne-Kesulote, ne-Shuneme, 19 ne-Hafara-
yime, ne-Shiyone, ne-Anaharate, 20 ne-
Rabiti, ne-Kishiyone, ne-Abetse, 21 ne-
Remete, ne-Hene-ganime, ne-Hene-hada,
ne-Bete-patsetse; 22 waza umda lowo wa-
fikela e-Tabore, ne-Shahatsima, ne-Bete-
shemeshe; nokupela kwawo umda walo
kwakuse-Yoredane: izixeko ezilishumi li-
nazitandatu, nemizi yazo.

23 Leli ilifa lesizwe sosapo luka-Yisaka-
re, ngezizalwane zalo, izixeko nemizi yazo.

24 Laza iqashiso lesihlanu lapumela
isizwe sosapo luka-Ashere, ngezizalwane
zalo. 25 Waye umda walo ubuyi-Helo-
kate, ne-Hali, ne-Betene, ne-Kashafe, 26
ne-Alameleki, ne-Hamehadi, ne-Mishali;
waya wafikela e-Karamele ngasentshona-
langa, nase-Shihore-libenate; 27 waza wa-
buya *kona* ngasekupumeni kwelanga waya
e-Bete-dagone, wafikela kwa-Zebulone na-
sesihlanjeni se-Yifeta-ele, ngecala lasenode
le-Bete-hemeki ne-Nehiyele, wapumela e-
Kabule ngasekohlo; 28 ne-Hebrone, ne-
Rehobi, ne-Hamone, ne-Kana, kude kwase-
Tsidone enkulu; 29 waza wabuya um-
da lowo waya e-Rama, nakude kwasesi-
xekweni esinqatyisiweyo esiyi-Tire; wa-
buya kanjako waya e-Hosa; nokupela
kwawo kwakuselwandhle, emhlabeni nga-
se-Kazibe; 30 ne-Huma, ne-Afeki, ne-Re-
hobi: izixeko ezingamashumi mabini ana-
zibini, nemizi yazo.

31 Leli ilifa lesizwe sosapo luka-Ashere,
ngezizalwane zalo, izixeko ezi nemizi yazo.

32 Iqashiso lesitandatu lapumela usapo
luka-Nefatali, kwa usapo luka-Nefatali nge-
zizalwane zalo. 33 Wavela umda walo e-
Helefe, eyekeni e-Tsahananime, ne-Adami,
*ne*-Nekebi, ne-Yabinele, waya kude kwase-
Lakume; nokupela kwawo kwakuse-Yore-
dane: 34 wandula wabuya umda lowo
waya ngasentshonalanga e-Azenote-tabore,
wapuma kona waya e-Hukoke, wafikela
kwa-Zebulone ngecala lasesuyide, wafikela
nakwa-Ashere ngecala lasentshonalanga,
nakwa-Juda e-Yoredane ngasekupumeni
kwelanga.

35 Nezixeko ezinqatyisiweyo, yi-Tsidi-
me, *ne*-Tsere, ne-Hammate, *ne*-Rakate, ne-
Kinerete, 36 ne-Adama, ne-Rama, ne-Ha-
tsore, 37 ne-Kedeshe, ne-Edrehi, ne-Hene-
hatsore, 38 ne-Yirone, ne-Migidale-ele,
*ne*-Horeme, ne-Bete-hanate, ne-Bete-she-
meshe; izixeko ezilishumi linetoba, nemizi
yazo.

39 Leli ilifa lesizwe sosapo luka-Nefa-
tali, ngezizalwane zalo, ezizixeko nemizi
yazo.

40 Iqashiso lesixenxe lapumela isizwe
sosapo luka-Dane, ngezizalwane zalo. 41
Waye umda welifa lalo ubuyi-Tsoreha, ne-
Shetawoli, ne-Hire-shemeshe, 42 ne-Sha-
halabine, ne-Ajalone, ne-Yitela, 43 ne-
Eloni, ne-Timnata, ne-Hekrone, 44 ne-
Leteko, ne-Gibetone, ne-Bahalate, 45
ne-Yehude, ne-Bene-beraki, ne-Gate-rimo-
ne, 46 ne-Me-yarekone, ne-Rakone, kunye



University of Fort Hare

esiyiyo i-Hebrone, entabeni yakwa-Juda,
nennqele zaso ezisingqongayo. 12 Kodwa
izindhle zasesixekweni, nemizi yaso, lwa-
zinika ku-Kalebi unyana ka-Jefune zibe
yimfuyo yake. 13 Kwa njalo lwalunika
usapo luka-Arone umperisite, i-Hebrone,
isixeko sokupepela kwombulali, nennqele
zayo, ne-Libena nennqele zayo, 14 ne-
Yatire nennqele zayo, ne-Shetemoha nen-
nqele zayo, 15 ne-Holone nennqele zayo,
ne-Debire nennqele zayo, 16 ne-Hayine
nennqele zayo, ne-Yuta nennqele zayo, ne-
Bete-shemeshe nennqele zayo; izixeko ezi-
litoba *zicatshulwe* kwezozizwe zibini. 17
Nakuso isizwe sika-Benjamine *kwacatshulwa*
i-Gibeyone nennqele zayo, i-Geba nen-
nqele zayo, 18 i-Hanatote nennqele zayo,
ne-Halemone nennqele zayo; izixeko ezi-
ne. 19 Zonke izixeko zosapo luka-Arone,
abaperisite, zizixeko ezilishumi linazitatu
nennqele zazo.

20 Nezizalwane zosapo luka-Kohati,
aba-Levi abaseleyo elusatsheni luka-Koha-
ti, zona zazinezixeko zeqashiswa lazo *zica-
tshulwe* esizweni sika-Frayime. 21 Ngo-
kuba beluzinika i-Shekeme, isixeko soku-
pepela kwombulali, nennqele zayo, enta-
beni yakwa-Frayime, ne-Gezere nennqele
zayo, 22 ne-Kibetsayime nennqele zayo,
ne-Bete-horone nennqele zayo; izixeko
ezine. 23 *Kwacatshulwa* nasesizweni sika-
Dane, i-Leteke nennqele zayo, i-Gibetone
nennqele zayo, 24 i-Ajalone nennqele zayo,
i-Gate-rimone nennqele zayo; izixeko ezi-
ne: 25 nakuso isiqingata sesizwe sika-
Manase, i-Tahanaki nennqele zayo, ne-
Gate-rimone nennqele zayo: izixeko ezi-
bini. 26 Zonke izixeko zezizalwane zosapo
luka-Kohati oluseleyo, *zizixeko* ezilishumi
nennqele zazo.

27 Nosapo luka-Gereshone, olwakuzo
izizalwane zaba-Levi, *kwacatshul*elwa lona
kw*esinye* isiqingata sesizwe sika-Manase, i-
Golane yase-Bashane, isixeko sokupepela
kwombulali, nennqele zayo, ne-Beheshe-tera
nennqele zayo; izixeko ezibini: 28 nase-
sizweni sika-Yisakare, i-Kishone nennqele
zayo, i-Daberate nennqele zayo, 29 i-Ya-
remute nennqele zayo, i-Hene-ganime nen-
nqele zayo; izixeko ezine: 30 nasesizweni
sika-Ashere, i-Mishale nennqele zayo, i-
Habedoni nennqele zayo, 31 i-Helekate
nennqele zayo, ne-Rehobi nennqele zayo;
izixeko ezine: 32 nasesizweni sika-Nefa-
tali, i-Kedeshe yase-Galili, isixeko sokupe-
pela kwombulali, nennqele zayo, ne-Ham-
mote-dore nennqele zayo, ne-Karetane
nennqele zayo; izixeko ezitatu. 33 Zonke
izixeko zama-Gereshone, ngezizalwane za-
wo, zizixeko ezilishumi linazitatu nennqele
zazo.

34 Nezizalwane zosapo luka-Merari, e-
zaba-Levi abaseleyo, *kwacatshul*elwa zona
esizweni sika-Zebulone, i-Yokename nen-
nqele zayo, ne-Kareta nennqele zayo, 35 i-
Dimna nennqele zayo, i-Nahalali nennqele
zayo; izixeko ezine: 36 nasesizweni sika-
Rubene, i-Betsere nennqele zayo, ne-Ya-
hetsa nennqele zayo, 37 i-Kedemote nen-
nqele zayo, ne-Mefahate nennqele zayo;
izixeko ezine: 38 nasesizweni sika-Gadi,
i-Ramote yase-Gileyadi, isixeko sokupe-
pela kwombulali, nennqele zayo, ne-Ma-
hanayime nennqele zayo, 39 i-Heshebone
nennqele zayo, i-Yahezere nennqele zayo:
zonke izixeko zazine. 40 Zonke izixeko
zosapo luka-Merari, ngezizalwane zalo,
oluseleyo ezizalwaneni zaba-Levi, iqashi-
swa lalo lazizixeko ezilishumi linazibini.

41 Zonke izixeko zaba-Levi, ezipakati
kwemfuyo yosapo luka-Sirayeli, zazizixeko
ezingamashumi mane anesibozo nennqelo
zazo. 42 Izixeko ezi zibe zinennqele zazo
ezizingqongayo, ezinye ngezinye: zibe zi-
njalo zonke ezizixeko.

43 KWA njalo UYEHOVA wanika ko-Sira-
yeli lonke ilizwe, abefungile ukuba alinike
koyise babo; bada balifuya, bahlala kulo.
44 Waye UYEHOVA kanjalo ebanikile uku-
pumla ngamacala onke, njengako konke
abefungile ngako koyise babo: akwabiko
namnye umntu kuzo zonke intshaba zabo
obenokuma pambi kwabo; zonke intshaba
zabo wazinikela UYEHOVA esandhleni sabo.
45 Akutshitshanga nannye into kuzo zo-
nke izinto ezilungileyo, abezitetile UYE-
HOVA kwindhlu ka-Sirayeli: konke kweza
kubako.

22 Wandula u-Yoshuwa wabiza ama-Ru-
bene, nama-Gadi, nesiqingata sesizwe
sika-Manase, 2 wati kuwo: Nikugcinile
konke wabeniyalela kona u-Mosesi, isicaka
SIKAYEHOVA; kanjalo nipulapule ilizwi
lami ngako konke endiniyaleleyo. 3 Ani-
shiyanga abazalwana benu lemihla mininzi
kude kwanamhla nje; koko nikugcinile
ukugcinwa kwomyalelo KAYEHOVA, UTIXO
wenu. 4 Kaloku ke, UYEHOVA, UTIXO we-
nu, ubapumzile abazalwana benu, njengo-



University of Fort Hare

kuba wabesitsho kubo: ngako kaloku bu-
yani, niye ezintenteni zenu, elizweni lem-
fuyo yenu, elo u-Mosesi, isicaka SIKAYE-
HOVA, walinika kuni pesheya kwe-Yore-
dane. 5 Kodwa lumkani kakulu ukuba
niwenze umyalelo nomteto, owabeniyalela
u-Mosesi, isicaka SIKAYEHOVA, ukuba nim-
tande UYEHOVA, UTIXO wenu, nokuba ni-
hambe kuzo zonke indhlela zake, nokuba
niyigcine imiyalelo yake, nokuba ninama-
tele kuyo, nokuba nimkonze ngayo yonke
inkliziyo yenu nangawo wonke umpefumlo
wenu.
6 Waza u-Yoshuwa wawatamsanqelisa,
wawandulula; asuka aya ezintenteni zawo.
7 Kekaloku *esinye* isiqingata sesizwe sika-
Manase u-Mosesi ebesinikile *ilifa* e-Basha-
ne; kodwa *esinye* isiqingata saso wasinika
u-Yoshuwa pakati kwabazalwana babo,
nganeno kwe-Yoredane ngasentshonalanga.
Nabo bona, nxa u-Yoshuwa wabandulu-
layo ukuya ezintenteni zabo, wandula
wabatamsanqelisa; 8 wayesitsho kubo
ukuti: Buyelani ezintenteni zenu ninen-
dyebo ezininzi, nento enninzi kakulu
yenkomo, nesilivere, negolide, nobedu,
nesincete, nento enninzi kakulu yezivato:
yabelanani nabazalwana benu amaxoba
entshaba zenu.
9 Lwandula ukubuya usapo luka-Ru-
bene, nosapo luka-Gadi, nesiqingata sesi-
zwe sika-Manase, lwemka kulo usapo luka-
Sirayeli, e-Shilo, eselizweni le-Kanane,
ukuya ezweni le-Gileyadi, ezweni lemfuyo
yalo, olwalulizuzile ngelizwi LIKAYEHOVA
ngesandhla sika-Mosesi.
10 Lwati lwakufika emideni yase-Yore-
dane, eselizweni le-Kanane, lwandula usa-
po luka-Rubene, nosapo luka-Gadi, nesiqi-
ngata sesizwe sika-Manase, lwaka kona
isibingelo ngase-Yoredane, isibingelo esi-
kulu ukubonakala kwaso.
11 Kwaza kwaviwa lusapo luka-Sirayeli
kusitwa: Bona ke, usapo luka-Rubene,
nosapo luka-Gadi, nesiqingata sesizwe
sika-Manase, lwakile isibingelo ngapambi
kwelizwe le-Kanane, emideni yase-Yore-
dane, ngecala langapesheya losapo luka-
Sirayeli. 12 Lwati usapo luka-Sirayeli
lwakuva *oku*, yasuka yahlanganisana yonke
inklanganiso yosapo luka-Sirayeli e-Shilo,
ukuba kunyukwe ukuya kulwa nalo. 13
Lwaza usapo luka-Sirayeli lwatuma ukuya
elusatsheni luka-Rubene, naselusatsheni
luka-Gadi, nakwisiqingata sesizwe sika-
Manase, elizweni le-Gileyadi, u-Finehasi
unyana ka-Elezari umperisite, 14 nenkosi
ezilishumi kunye naye, inkosi yannye
ngezindhlu ngezindhlu zoyise pakati kwazo
zonke izizwe zo-Sirayeli; zaye ezinnye
ngezinnye ziyinkloko yezindhlu zoyise za-
zo pakati kwamawaka akwa-Sirayeli.
15 Bati bakufika elusatsheni luka-Ru-
bene, naselusatsheni luka-Gadi, nakwisiqi-
ngata sesizwe sika-Manase, elizweni le-
Gileyadi, baza bateta nalo, besiti: 16 Itsho
yonke inklanganiso KAYEHOVA ukuti: Sisi-
gqito sinina esi, enigqitile ngaso ngakuyo
UTIXO wo-Sirayeli, ngokubuya namhla
ekumlandeleni UYEHOVA, ekubeni nizakele
isibingelo, ukuze nivukele namhla ngakuye
UYEHOVA? 17 Kuncinane na kuti ukuko-
hlakala kwase-Pehori, (esingekahlanjulu-
lwa kuko nanamhla nje, nakuba bekuko isi-
bulalo pakati kwenklanganiso KAYEHOVA,)
18 ukuba niya kubuya namhla ekumla-
ndeleni UYEHOVA? kwakuya kuti, *nxa* ni-
vukela namhla ngakuye UYEHOVA, uya
kwandula ngomso aqumbele yonke inkla-
nganiso yo-Sirayeli. 19 Koko ukuba ili-
zwe lemfuyo yenu lincolile, welelani kuti
elizweni lemfuyo KAYEHOVA, apo imi kona
itabanakele KAYEHOVA, nize nizuze indawo
pakati kwetu: kodwa ningavukeli ngakuye
UYEHOVA, ningavukeli nangakuti, ngokuza-
kela kwenu isibingelo, ngapandhle kwesi-
bingelo SIKAYEHOVA, UTIXO wetu. 20 Ka-
nene u-Hakane, unyana ka-Zera, akagqita-
nga na ngesigqito entweni elahlelwe
ekutshatyalalisweni, waza umsindo wawela
yonke inklanganiso yo-Sirayeli? kanjalo
indoda leyo ayabuba yodwa ngenkohlakalo
yayo.
21 Lwaza lwapendula usapo luka-Ru-
bene, nosapo luka-Gadi, nesiqingata sesi-
zwe sika-Manase, lwateta nabazinkloko
zamawaka akwa-Sirayeli, *lusiti:* 22 UTIXO
wotixo, UYEHOVA, UTIXO wotixo, UYEHOVA,
uyakwazi yena, no-Sirayeli baya kukwazi
nabo; ukuba kungokuvukela, nokuba ku-
ngokugqita ngakuye UYEHOVA, (uze unga-
sindisi namhla nje!) 23 ukuba sizakele
isibingelo, ukubuya ekulandeleni UYEHOVA;
nokuba kungokunga singanikela pezu
kwaso idini lokutshiswa nomnikelo woku-
dhla, nokuba kungokunga singenza pezu
kwaso imibingo yoxolo; (UYEHOVA yena
makabuze!) 24 nokuba akungennxa yo-
kuxalela *l*ento na esikwenzileyo oku, si-
siti: Ngexesha elizayo bangatsho aba-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ntwana benu kubantwana betu ukuti:
Uyinto nina kuni UYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli? 25 ngokuba UYEHOVA ewubekile
umda pakati kwetu nani, i-Yoredane, nina
lusapo luka-Rubene nosapo luka-Gadi!
akuko kuni isabelwa KUYEHOVA: bade aba-
ntwana benu benze abantwana betu ba-
yeke ukwoyika UYEHOVA. 26 Saye sisiti
ngoko: Makesilungise ukuba sake isibi-
ngelo, singabi sesedini lokutshiswa, singabi
sesombingo kanjalo; 27 koko sibe linqìna
pakati kwetu nani, napakati kwezizuku-
lwana zetu emva kwetu, lokuba singenza
inkonzo KAYEHOVA pambi kwake, ngama-
dini okutshiswa etu, nangemibingo yetu,
nangeminikelo yoxolo yetu; nokuba ba-
ngabi abantwana benu ngexesha elizayo
nokuti kubantwana betu: Akuko kuni isa-
belwa KUYEHOVA. 28 Kukona sibe sisiti:
Kwakuya kuti, nxa baya kutsho kuti na-
kuzo izizukulwana zetu ngexesha elizayo,
siya kwandula siti: Kangelani imfano
yesibingelo SIKAYEHOVA, abayenzayo obawo
betu, ingabi yeyedini lokutshiswa, ingabi
yeyombingo kanjalo; koko ibe linqìna
pakati kwetu nani. 29 Makube lé kuti
okokuba sivukele ngakuye UYEHOVA, no-
kuba sibuye namhla ekumlandeleni UYE-
HOVA, ngokwaka isibingelo sibe sesedini
lokutshiswa, nesomnikelo wokudhla, nesom-
bingo, ngapandhle kwesibingelo SIKAYE-
HOVA, UTIXO wetu, esipambi kwayo itaba-
nakele yake.
30 Nxa u-Finehasi umperisite, nenkosi
zenklanganiso, nenkloko zamawaka akwa-
Sirayeli, ezibe zinaye, babevile amazwi
olwawatetayo usapo luka-Rubene, nosapo
luka-Gadi, nosapo luka-Manase, bekulu-
ngile emehlweni abo. 31 Waza u-Finehasi
unyana ka-Elezari umperisite wati kulo
usapo luka-Rubene, nakulo usapo luka-
Gadi, nakulo usapo luka-Manase: Nam-
hla siyazi ukuba UYEHOVA upakati kwetu,
ngokokuba ningagqitanga ngakuye UYE-
HOVA ngesigqito esi: ngoku niluhlangule
usapo luka-Sirayeli esandhleni SIKAYEHOVA.
32 Wandula wabuya u-Finehasi unyana
ka-Elezari umperisite, nenkosi, elusatsheni
luka-Rubene, naselusatsheni luka-Gadi,
ezweni le-Gileyadi, ukuya ezweni le-Kana-
ne, kulo usapo luka-Sirayeli, baluzisela
impendulo. 33 Kekaloku impendulo leyo
yailungile emehlweni alo usapo luka-Sira-
yeli; lwaza usapo luka-Sirayeli lwambonga
UTIXO, lungabanga senakuteta ngokunyu-
kela ngakulo kuliwe, ukuba lucitakalise
ilizwe usapo luka-Rubene nosapo luka-
Gadi lube luhleli kulo.
34 Lwaza usapo luka-Rubene nosapo
luka-Gadi lwasibiza isibingelo ngokuti:
Linqìna pakati kwetu lokuba UYEHOVA
unguye UTIXO.

23 KWAYE kute, kwakuba 'ntsuku 'nni-
nzi emva kwokuba UYEHOVA ebebapu-
mzile o-Sirayeli kuzo zonke intshaba zabo
ezingqongayo, uxa u-Yoshuwa wabemdala,
ekolisile ukuba nemihla; 2 wandula u-
Yoshuwa wabiza bonke o-Sirayeli, abadala
babo, nenkloko zabo, nabagwebi babo,
namagosa abo, wati kubo: Mina, sendi-
mdala, ndikolisile ukuba nemihla; 3 nani,
nikubonile konke akwenzileyo UYEHOVA,
UTIXO wenu, kuzo zonke ezinklanga ngen-
nxa yenu: ngokuba UYEHOVA, UTIXO wenu,
nguye onilweleyo. 4 Kangelani, sendina-
bele ngeqashiso ezinklanga eziseleyo, zibe
lilifa ezizweni zenu, *kutabata* e-Yoredane,
nazo zonke inklanga endizinqamlileyo,
kude kube selwandhle olukulu ngaseku-
tshoneni kwelanga.
5 NOYEHOVA, UTIXO wenu, yena uya ku-
zisantsulisa ebusweni benu, azigqogqe kwa
pambi kwenu; naniya kufuya ilizwe lazo,
njengokuba etshilo UYEHOVA, UTIXO wenu,
kuni. 6 Ize nomelele kakulu, ukuba ni-
kugcine nikwenze konke okubàliweyo en-
ncwadini yomteto ka-Mosesi, ukuze ninga-
pambuki kuyo nangasekunene nangaseko-
hlo; 7 ukuze ningangeni kwezinklanga,
ezi ziseleyo nani: kanjako igama lotixo
bazo ningalikankanyi, ningafungisi *ngabo*,
ningabakonzi, ningatobi nokutoba pambi
kwabo; 8 kodwa namatelani KUYEHOVA,
UTIXO wenu, njengokuba nenzile kwada
kwanamhla nje. 9 Ngokuba UYEHOVA
egqogqile pambi kwenu inklanga ezinkulu
nezinamandhla; kodwa nina, akemanga
namnye umntu ebusweni benu kwada
kwanamhla nje. 10 Indoda ibe 'nnye kuni
iya kusukela iwaka: ngokuba UYEHOVA,
UTIXO wenu, nguye onilwelayo, njengo-
kuba etshilo kuni. 11 Zilumkeleni ku-
nene ngoko, ukuba nimtande UYEHOVA,
UTIXO wenu.
12 Ngokuba nxa nika nibuye, nize ni-
namatele kwisisalela sezinklanga, ezi zise-
leyo nani, nitshatiselane nazo, ningene
kuzo, nazo zingene kuni; 13 qinisani
ukwazi ukuba UYEHOVA, UTIXO wenu, aka-



University of Fort Hare

sayi kupinda ukuzigqogqa ezinklanga pa-
mbi kwenu; kodwa ziya kuba zizisinga
nemigibe kuni, nentswazi emacaleni enu,
nezihlaba emehlweni enu, nide nibube
kwelilizwe lilungileyo, enilipiweyo NGU-
YEHOVA, UTIXO wenu.
14 Kanjalo bona ke, ndihamba namhla
ngendhlela yomhlaba wonke; naniya kwa-
zi ngayo yonke inkliziyo yenu, nangawo
wonke umpefumlo wenu, ukuba akutshi-
tshanga nannye into kuzo zonke izinto ezi-
lungileyo, azitetileyo UYEHOVA, UTIXO we-
nu, ngani; zonke zize kubako kuni, aku-
tshitshanga 'nto kuzo noko innye. 15
Ngako kuya kuti, njengokuba kuze pezu
kwenu zonke izinto ezilungileyo, abeziteta
UYEHOVA, UTIXO wenu, kuni; kwa njalo
UYEHOVA uya kuzisa pezu kwenu zonke
izinto ezimbi, ade anitshabalalise kwelili-
zwe lilungileyo, enilipiweyo NGUYEHOVA,
UTIXO wenu, 16 nxa nigqitayo ucebano
LUKAYEHOVA, UTIXO wenu, aniyaleleyo ngalo,
niye nikonze otixo bambi, nitobe pambi
kwabo; kanjako yovuta ngakuni ingqumbo
KAYEHOVA, naniya kububa kamsinyane
kwelolizwe lilungileyo enilipiweyo nguye.

24 WANDULA wahlanganisa u-Yo-
shuwa zonke izizwe zo-Sirayeli, e-
Skekeme, wabiza abadala bo-Sirayeli, nen-
kloko zabo, nabagwebi babo, namagosa
abo; baye bezimisa ebusweni BUKATIXO.
2 Waza u-Yoshuwa wati kubo bonke
abantu: Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
ukuti: Oyihlo benu babehleli pesheya
kwomlambo kudala, u-Tera, uyise ka-
Abrahame, noyise ka-Nahore; baye beko-
nza otixo bambi. 3 Ndaza ndamtabata
uyihlo wenu u-Abrahame pesheya kwom-
lambo, ndamhambisa kulo lonke ilizwe
le-Kanane, ndayandisa inzalo yake, ndam-
nika u-Yisake. 4 No-Yisake ndamnika u-
Yakobi no-Esau: ndaza ndamnika u-Esau
intaba ye-Sehire, ukuba ayifuye; kodwa
u-Yakobi nosapo lwake behla baya e-
Jipete. 5 Ndaza ndatuma u-Mosesi no-
Arone, ndabeta ama-Jipete, njengoko be-
ndikwenza pakati kwawo: ndati kamva
ndanipumisa *kona*. 6 Ndapumisa oyihlo
benu e-Jipete, naza nafika elwandhle; ati
ama-Jipete aputuma oyihlo benu ngen-
nqwelo nangabakweli bamahashe, kude
kwaselwandhle olubomvu. 7 Bati baku-
kala KUYEHOVA, wabeka ubumnyama pakati
kwenu nama-Jipete, wazisa ulwandhle
pezu kwawo, wawaselela; kanjalo amehlo
enu abonile oko bendikwenza e-Jipete:
nandula nahlala enklango imihla yamini-
nzi. 8 Ndaza ndanizisa elizweni laba-
Amori, abebehleli pesheya kwe-Yoredane;
basuka balwa nani; kanti ndabanikela
esandhleni senu, ukuze nilifuye ilizwe
labo; ndada ndabatshabalalisa pambi kwe-
nu. 9 Wandula wesuka u-Balaki, unyana
ka-Tsipore, ukumkani wama-Mowabi, wa-
lwa no-Sirayeli, watuma wabiza u-Bilame,
unyana ka-Behori, aze aniqalekise. 10
Kodwa bendingavumi ukupulapula ku-
Bilame; ngako wazingisa ukunitamsanqe-
lisa, ndada ndanihlangula esandhleni sake.
11 Nandula nawela i-Yoredane, neza ku-
fika e-Jeriko; basuka abemi base-Jeriko
balwa nani, naba-Amori, nama-Perizi, naba-
Kanane, nama-Hete, nama-Giregashe, na-
ma-Hivi, nama-Yebusi; kanti ndabanikela
esandhleni senu. 12 Ndaza ndatuma ono-
meva pambi kwenu, ababagxotayo ebu-
sweni benu, nokumkani bobabini baba-
Amori; kwakungengesirele sako, kwaku-
ngengesipeta sako kanjako. 13 Kwa njalo
ke ndinipile ilizwe eningazidiniselanga
lona, nezixeko eningazakanga, enihleli ku-
zo: izitiya zemiti yeveyine nezeminquma
eningazityalanga niyatya okwazo.
14 Ngako kaloku yoyikani UYEHOVA,
nimkonze yena ngolungelelano nangennya-
niso: kanjalo kwelelisani otixo ababeko-
nza bona oyihlo benu pesheya kwomlambo,
nase-Jipete; nize nimkonze UYEHOVA. 15
Kodwa ukuba kubi emehlweni enu ukum-
konza UYEHOVA, ziqasheleni namhla oyena
niya kumkonza; nokuba ngotixo ababe-
konza bona oyihlo benu, ababepesheya
kwomlambo, nokuba ngotixo baba-Amori,
enimiyo elizweni labo: mina kodwa,
nendhlu yami, siya kumkonza UYEHOVA.
16 Baza bapendula abantu, bati: Ma-
kube lé kuti okokuba simshiye UYEHOVA,
ukuya kukonza otixo bambi: 17 ngokuba
UYEHOVA NGUTIXO wetu; nguye obesinyusa
tina nobawo betu elizweni le-Jipete, en-
dhlwini yobukoboka, nowenzayo emehlwe-
ni etu leyo imiqondiso mikulu, wasilondo-
loza kuyo yonke indhlela sibe sihamba
ngayo, napakati kwabo bonke abantu sa-
canda kubo: 18 waye UYEHOVA kanjalo
wabagxota bonke abantu abo, kwa aba-
Amori, abemi belozwe, pambi kwetu: tina
nati siya kumkonza UYEHOVA; ngokuba
nguye ONGUTIXO wetu.



University of Fort Hare
Together in Excellence

19 Waza u-Yoshuwa wati ebantwini :
Aningemkonze UYEHOVA ; ngokuba ENGU-
TIXO oyingcwele yena ; UNGUTIXO onobu-
kwele ; akayi kuxolela ukugqita kwenu
nezono zenu. 20 Nxa nimshiya UYEHOVA,
niye nibakonze otixo basemzini, uya kwa-
ndula aguquke, anenzele okubi, anigqi-
bele, emveni kwokuba unenzele okulungi-
leyo.
21 Baza abantu bati ku-Yoshuwa : Hai ;
sesiya kumkonza UYEHOVA.
22 Wandula ukuti u-Yoshuwa ebantwi-
ni : Nina ningamanqìna ngakuni okuba
niziqashele UYEHOVA, ukuze nimkonze.
Bati ke : Singamanqìna.
23 Ngako kaloku kwelelisani otixo ba-
semzini abapakati kwenu, nitobele inkli-
ziyo yenu NGAKUYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli.
24 Baye abantu besiti ku-Yoshuwa : U-
YEHOVA, UTIXO wetu, siya kumkonza, neli-
zwi lake siya kuliva.
25 Wandula u-Yoshuwa wenza ucebano
nabantu kwa ngalommini, wabamisela
ummiso nesiko e-Shekeme. 26 Waza u-
Yoshuwa wawabàla lamazwi encwadini
yomteto KATIXO, watabata ilitye elikulu,
walipakamisela kona ngapantsi kweyeke,
esendaweni engcwele KAYEHOVA. 27 Wa-
buya wati u-Yoshuwa kubo bonke abantu :
Bona ke, ilitye eli loba linqìna ngakuti ;
ngokuba livile onke amazwi KAYEHOVA
abewateta kuti : loba linqìna ngakuni ngo-
ko, hleze nimkanyele UTIXO wenu. 28
Wada u-Yoshuwa wabandulula abantu,
baye abanye ngabanye emafeni abo.

29 KWAYE kute emveni kwezizinto,
wafa u-Yoshuwa, unyana ka-Nune, isicaka
SIKAYEHOVA, eyiminyaka elikulu lineshumi
ubudala bake. 30 Baza bamncwabela em-
deni welifa lake e-Timnate-sera, esentabeni
yakwa-Frayime, ngecala lasenode lentaba
ye-Gahashe.
31 Kekaloku o-Sirayeli babekonza UYE-
HOVA yonke imihla ka-Yoshuwa, nayo yo-
nke imihla yabadala ababesidhla ubomi
kade emva kwo-Yoshuwa, nababesazi wo-
nke umsebenzi KAYEHOVA, abewenzele o-
Sirayeli.
32 Kanjalo amatambo ka-Josefe, olwa-
lute usapo luka-Sirayeli lwenyuka nawo
e-Jipete, bawancwabela e-Shekeme, esiqe-
ndwini sentsimi, owabesitengile u-Yakobi
elusatsheni luka-Hamore, uyise ka-She-
keme, ngekulu lamaqosha emali : zandula
*ezondawo* zaba lilifa losapo luka-Josefe.
33 Wafa no-Elezari, unyana ka-Arone ;
baza bamncwaba pezu kwenduli ka-Fine-
hasi, unyana wake, ebinikiwe kuye enta-
beni yakwa-Frayime.

# INNCWADI

# YABAGWEBI.

## ISAHLUKO I.

KWAYE kute emveni kwokufa kuka-Yo-
shuwa, lwandula usapo luka-Sirayeli
lwabuza KUYEHOVA, lusiti : Ngubanina oya
kusinyukela ngakubo aba-Kanane ngoku-
qala, ukuya kulwa nabo ? 2 Wayesiti
UYEHOVA : u-Juda uya kunyuka ; bona ke,
ndinikele ilizwe esandhleni sake.
3 Waza u-Juda wati ku-Simone umza-
lwana wake : Nyuka nami ukuya eqashi-
sweni lami, silwe naba-Kanane, ndandiya
kuya nawe eqashisweni lako. Wasuka
u-Simone waya naye. 4 Wenyuka ke u-
Juda ; wandula UYEHOVA wanikela aba-
Kanane nama-Perizi esandhleni sabo : ba-
bulala kubo e-Bezeke amadoda angama-
waka alishumi. 5 Baza bamfumana u-
Adoni-bezeke e-Bezeke, balwa naye ;
babulala aba-Kanane nama-Perizi. 6 Ko-
dwa u-Adoni-bezeke wesaba ; basuka
bamputuma, bambamba, banqumla izitupa
zake nobontsi bake. 7 Wandula u-Adoni-
bezeke wati : Okumkani abamashumi asi-
xenxe, abanqunyuliweyo izitupa zabo no-
bontsi babo, babebuta *imvutuluka* pantsi
kwetafile yami ; njengoko ndikwenzile mi-
na, UTIXO upindezele kumi ngokunjalo. Ba-
za bamzisa e-Yerusaleme, apo wabuba kona.



University of Fort Hare

8 Kekaloku usapo luka-Juda lwa-
lwa ngakuyo i-Yerusaleme, lwayitimba,
lwayibeta ngohlangoti lwerele, lwasila-
hlela emlilweni isixeko eso. 9 Nasemva
kwoko lwehla usapo luka-Juda ukuya ku-
lwa naba-Kanane, ababehleli ezintabeni,
nasesuyide, nasezihlanjeni. 10 Wasuka
u-Juda waya ngakubo aba-Kanane aba-
behleli e-Hebrone; (kodwa igama le-
Hebrone beliyi-Kiriyate-areba ngapambili;)
baza babulala o-Sheshai, no-Ahimane, no-
Talemai. 11 Wemka kona waya ngakubo
abemi base-Debire: (kodwa igama le-
Debire ngapambili beliyi-Kiriyate-sefere.)
12 Wayesiti u-Kalebi: Lowo obetayo
i-Kiriyate-sefere, ayitimbe ke, sendiya
kumnika u-Hakesa, intombi yami, abe
ngumfazi. 13 Wasuka u-Hotineli unyana ka-
Kenazi, umninawe ka-Kalebi, wayitimba:
waza wamnika u-Hakesa, intombi yake,
abe ngumfazi. 14 Kwaye kute, ekuzeni
kwake *endodeni*, wayivusa ukuba icele
kuyise intsimi; wandul' ukuhlika eqwara-
sheni; waza u-Kalebi wati kuye: Ufuna
'nto nina? 15 Wayesiti kuye: Ndipe ita-
msanqa; ngokuba undipile ilizwe lasesu-
yide; ndipe kanjalo imitombo yamanzi.
Waza u-Kalebi wampa imitombo yasenkla
nemitombo yasezantsi.
16 Kanjako usapo lwom-Keni, usomfazi
ka-Mosesi, lwenyuka esixekweni semiti
yepalime nosapo luka-Juda ukuya enkla-
ngo yakwa-Juda, engasesuyide ye-Haradi;
lwaya lwahlala nabobantu.
17 Wasuka u-Juda waya no-Simone um-
zalwana wake; baza babulala aba-Kanane
ababehleli e-Tsefate, bayilahlela ekutsha-
tyalalisweni: ngako kwabizwa igama lesi-
xeko eso nge-Horema. 18 Wandula u-
Juda watimba i-Gaza nomda wayo, ne-
Ashekelone nomda wayo, ne-Hekrone
nomda wayo. 19 Waye UYEHOVA ebeno-
Juda; waza wagqogqa *abemi* bentaba; ko-
dwa ebekohlwa ukugqogqa abemi bomhla-
mbo, ngokuba bebenenqwelo zesincete.
20 Baye benika i-Hebrone ku-Kalebi,
njengokuba u-Mosesi ebetshilo; waza wa-
gqogqa apo onyana bobatatu baka-Hanaki.
21 Kodwa ama-Yebusi, abehleli e-Yeru-
saleme, usapo luka-Benjamine alwawagqo-
gqa; koko ama-Yebusi ahleli nosapo luka-
Benjamine e-Yerusaleme kwada kwanam-
hla nje.
22 Kekaloku indhlu ka-Josefe, benyuka
nabo baya ngakuyo i-Betele: waye UYE-
HOVA ebenabo. 23 Yatuma indhlu ka-
Josefe kuhlolwe i-Betele: (kodwa igama
lesosixeko beliyi-Luze ngapambili.) 24
Zaza inklola zambona indoda ipuma esi-
xekweni, zati kuyo: Sibonise ke indawo
yokungena yesixeko, sasiya kwenza kuwe
ububele. 25 Zati, yakubonisa kuzo indawo
yokungena yesixeko, zabeta isixeko ngo-
hlangoti lwerele; kodwa zayindulula in-
doda leyo nesizalwane sayo sonke. 26 Ya-
hamba londoda yaya ezweni lama-Hiti,
yaka isixeko, yabiza igama laso nge-Luze;
likwa ligama laso kwada kwanamhla nje.
27 Kanjako u-Manase akagqogqa *abemi*
base-Bete-shane namagxamesi ayo, nabase-
Tahanaki namagxamesi ayo, nabemi base-
Dore namagxamesi ayo, nabemi base-Yibe-
lame namagxamesi ayo, nabemi base-Me-
gido namagxamesi ayo; kodwa aba-Kanane
bebetanda ukuhlala kwelozwe. 28 Kwaza
kwati, xeshekweni u-Sirayeli ase wome-
lele, wabenza aba-Kanane babe ngabani-
keli; kodwa akabagqogqa ngokugqibela.
29 Kanjako u-Frayime akabagqogqa aba-
Kanane abahlala e-Gezere; kodwa aba-
Kanane bahlala pakati kwabo e-Gezere.
30 U-Zebulone akabagqogqa abemi base-
Kitrone, nabemi base-Nahaloli; kodwa
aba-Kanane bahlala pakati kwabo, baba
ngabanikeli.
31 U-Ashere akabagqogqa abemi base-
Hako, nabemi base-Tsidone, nabase-Halabi,
nabase-Kazibe, nabase-Heleba, nabase-Afe-
ki, nabase-Rehobi: 32 kodwa ama-Ashere
ahlala pakati kwaba-Kanane, abemi belo-
zwe; ngokuba ebengabagqogqanga.
33 U-Nefatali akabagqogqa abemi base-
Bete-shemeshe, nabemi base-Bete-hanate;
kodwa wahlala pakati kwaba-Kanane, abe-
mi belozwe: noko abemi base-Bete-sheme-
she nabase-Bete-hanate baba ngabanikeli
kubo.
34 Nosapo luka-Dane aba-Amori balu-
nyanzelela entabeni: ngokuba bebengalu-
vumeli ukuba luhlele emhlanjeni; 35 ko-
dwa aba-Amori bebetanda ukuhlala enta-
beni ye-Heresi, e-Ajalone, nase-Shahala-
bime: noko isandhla sendhlu ka-Josefo
besinzima *pezu kwabo*, baza baba ngabani-
keli. 36 Kekaloku umda waba-Amori
ubuvela eqineni lase-Hakerabime, *nase*-
Sela, waya ngasenkla.

2 KWAZA kwenyuka ingelosi KAYEHOVA
e-Gilegale, yaya e-Bokime, yati: Ndi-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ninyusile e-Jipete, ndanizisa ezweni endibe
ndifunga ngalo koyihlo benu, ndati: Andiyi
kulwapula ucebano lwami nani kude kube
ngunapakade; 2 kanjalo nina aniyi kulwe-
nza ucebano nabemi belilizwe; izibingelo
zabo nozicita. Kodwa anipulapulanga ili-
zwi lami: yinina ukuba nikwenzile oku?
3 Ngako ndibuye ndati: Andiyi kubagxota
ebusweni benu; kodwa boba *njengameva*
emacaleni enu, notixo babo boba ngumgibe
kuni.
4 Kwaye kute, nxa ingelosi KAYEHOVA
ibitetile lamazwi kulo lwonke usapo luka-
Sirayeli, bandula abantu bapakamisa ilizwi
labo, balila. 5 Baza babiza igama lalo-
ndawo ngo-Bokime,* babingela kona KUYE-
HOVA.

6 KEKALOKU akuba u-Yoshuwa ebe-
ndulule abantu, lwaya usapo luka-Sirayeli
olunye ngolunye elifeni lalo, ukuya kufuya
ilizwe.
7 Baza abantu bamkonza UYEHOVA yonke
imihla ka-Yoshuwa, nayo yonke imihla ya-
badala ababesidhla ubomi kade emva kwo-
Yoshuwa, ababebonile wonke umsebenzi
omkulu KAYEHOVA, abewenzele o-Sirayeli.
8 Wada wafa u-Yoshuwa, unyana ka-
Nune, isicaka SIKAYEHOVA, eyiminyaka
ilikulu lineshumi ubudala bake. 9 Baza
bamnewabela emdeni welifa lake e-Timna-
te-heresi, entabeni yakwa-Frayime, ngecala
lasenode lentaba ye-Gahashe. 10 Sada
sonke esosizukulwana naso sabutelwa kubo
oyise baso.
Kwaye kuvuka isizukulwana simbi emva
kwabo, esibe singamazi UYEHOVA, kwa nom-
sebenzi abewenzele o-Sirayeli. 11 Lwa-
ndula usapo luka-Sirayeli lwenza okuko-
hlakeleyo emehlweni KAYEHOVA, lwakonza
o-Bali: 12 lwamshiya UYEHOVA, UTIXO wo-
yise balo, owalupumisa elizweni le-Jipete,
lwalandela otixo bambi, abakubo otixo
babantu abalungqongayo, lwazitoba pambi
kwabo, lwamqumbisa UYEHOVA. 13 Lwam-
shiya ke UYEHOVA, lwakonza u-Bali no-
Hashetorete.
14 Yaza yavuta ingqumbo KAYEHOVA
ngakubo o-Sirayeli, owabanikela esandhleni
sabatimbi ababatimbayo, wabatengisa esa-
ndhleni sentshaba zabo ezingqongayo, bada
ababi senakuma ebusweni bentshaba zabo.
15 Apo kusukuba bebepumela kona, isa-
ndhla SIKAYEHOVA besingakubo bubo bubu-
bi, njengokuba UYEHOVA ebetshilo, nanje-
ngokuba UYEHOVA ebefungile kubo; bada
baxinezeka kakulu.
16 Waza UYEHOVA wavusa abagwebi,
ababasindisayo esandhleni sabatimbi babo.
17 Kodwa abapulapula abagwebi babo
noko, koko barexezela emva kwotixo
bambi, bazitoba pambi kwabo: bapambuka
kamsinya endhleleni ababehamba ngayo
oyise babo, bepulapula imiyalelo KAYE-
HOVA; *kanti* abenje njalo bona. 18 Naxe-
shekweni UYEHOVA wabavuselayo abagwe-
bi, wandula UYEHOVA wanaye umgwebi,
wabasindisa esandhleni sentshaba zabo
yonke imihla yomgwebi: ngokuba UYE-
HOVA ebenosizi ngako ukutswina kwabo
ngenxa yabancinezeli babo nababandezeli
babo.
19 Kwaza kwati, akufa umgwebi, babu-
ya bazonakalisa ngapezu kwoyise babo,
ngokulandela otixo bambi, ukubakonza,
nokuzitoba pambi kwabo; bebengayeki
ezabo izenzo neyabo indhlela elukuni.
20 Ngako ingqumbo KAYEHOVA yavuta
ngakubo o-Sirayeli; wayesiti: Ngokokuba
ababantu belugqitile ucebano lwami enda-
bayalela oyise babo ngalo, nokuba benga-
pulapulanga ilizwi lami; 21 kwa nami
andiyi kwalekela ukugqogqa namnye
umntu ebusweni babo, kwezonklanga wa-
bezishiya u-Yoshuwa nxa wabubayo: 22
ukuze ndibalinge ngazo o-Sirayeli, ukuba
baya kugcina indhlela KAYEHOVA ukuhamba
ngayo, njengokuba oyise babo bebeyigcina,
nokuba abayi *kuyigcina* kusinina. 23 Nga-
ko UYEHOVA wasalisa inklanga ezi, engazi-
gqogqi kamsinya; wabengazinikelanga
esandhleni sika-Yoshuwa kanjako.
3 Zizo ezi inklanga wabezisalisa UYEHOVA,
ukuba abalinge ngazo o-Sirayeli: (kwa
bonke ababengazanga zonke imfazwe zase-
Kanane; 2 kupela ukuze zizazi izizu-
kulwana zosapo luka-Sirayeli, lufundiswe
imfazwe; ngokukodwa olo olube lungazazi
ngapambili:) 3 inkosi ezinklanu zama-
Filistiya, nabo bonke aba-Kanane, nama-
Tsidone, nama-Hivi abehleli entabeni ye-
Lebanone, *kutabata* entabeni ye-Bali-here-
mone kude kwasekungenweni kwe-Hamati.
4 Zaziko ukuba kulingwe ngazo o-Sirayeli,
ukuze kwaziwe ukuba baya kupulapula
imiyalelo KAYEHOVA kusinina, leyo ababa-
yalele oyise babo ngayo, ngesandhla sika-
Mosesi.

* *Oko kukuti:* Abalili.



University of Fort Hare

5 LWAZA usapo luka-Sirayeli lwa-
hlala pakati kwabo aba-Kanane, ama-
Hete, naba-Amori, nama-Perizi, nama-
Hivi, nama-Yebusi: 6 lwazizekela intombi
zabo zibe ngabafazi, lwazendisa intombi
zalo konyana babo, lwakonza otixo babo.
7 Lwaye usapo luka-Sirayeli lwenza oku-
kohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA, lwamli-
bala UYEHOVA, UTIXO walo, lwabakonza o-
Bali no-Ashera. 8 Yandula ingqumbo
KAYEHOVA yavuta ngakubo o-Sirayeli, wa-
batengisa esandhleni sika-Kushane-risha-
tayime, ukumkani we-Mesopotami; lwaza
usapo luka-Sirayeli lwamkonza u-Kushane-
rishatayime iminyaka yasibozo.
9 Lwati lwakukala usapo luka-Sirayeli
KUYEHOVA, wandula UYEHOVA wavusela
usapo luka-Sirayeli umsindisi, owalusindi-
sayo, u-Hotineli unyana ka-Kenazi, umni-
nawe ka-Kalebi. 10 Waye umoya KAYE-
HOVA ebepezu kwake, waza wagweba o-
Sirayeli, wapuma ukuya kulwa: wati
UYEHOVA wamnikela esandhleni sake u-
Kushane-rishatayime, ukumkani we-Meso-
potami, ukuba isandhla sake saba nama-
ndhla pezu kwo-Kushane-rishatayime.
11 Landula ilizwe lapumla iminyaka ya-
mashumi mane. Wada wafa u-Hotineli,
unyana ka-Kenazi.

12 LWAZA usapo luka-Sirayeli lwapi-
nda ukwenza okukohlakeleyo emehlweni
KAYEHOVA; ngako UYEHOVA wamomeleza
u-Heglone, ukumkani wama-Mowabi, nga-
kubo o-Sirayeli, ngennxa yokuba benzile
okukohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA.
13 Wasuka wabutela kuye usapo luka-
Hamoni nama-Amaleki, waya wabeta o-Si-
rayeli, basibamba isixeko semiti yepalime.
14 Lwaza usapo luka-Sirayeli lwam-
konza u-Heglone, ukumkani wama-Mo-
wabi, iminyaka yalishumi linesibozo.
15 Lwati lwakukala usapo luka-Sirayeli
KUYEHOVA, wandula UYEHOVA waluvusela
umsindisi, u-Ehudi unyana ka-Gera, um-
Benjamine, indoda elinxele: olwati usapo
luka-Sirayeli lwalituma ngesandhla sake
ibaso ku-Heglone, ukumkani wama-Mo-
wabi. 16 Waye u-Ehudi wazenzela irele
elinenklangoti zimbini, eliyikubite innye
ubude balo, walibinqa pantsi kwengubo
yake esinqeni sake sokunene. 17 Waza
walizisa ibaso elo ku-Heglone, ukumkani
wama-Mowabi: kekaloku u-Heglone ebe-
ngumntu otyebileyo kakulu. 18 Kwaye
kute, xeshekweni abegqibile ukunikela
ibaso, wapelekelela abantu abebelitwele
ibaso. 19 Kodwa yena wabuya endaweni
yemifanekiso eqingqiweyo ebingase-Gile-
gale, wati: Ndinelizwi elifihlakeleyo *ndi-
lixele* kuwe, kumkani! owati: Yiti tu!
Bada bapuma kuye bonke ababemi nga-
kuye. 20 Waza u-Ehudi wangena kuye;
waye yena ehleli enkambilini yangapezulu
yokupolisa, ebiyeyake yedwa. Wayesiti
u-Ehudi: Ndinelizwi LIKATIXO kuwe!
Wesuka ke esihlalweni. 21 Wandula u-
Ehudi wasolula isandhla sake sokohlo,
watabata irele esinqeni sake sokunene,
wahlaba ngalo esiswini sake: 22 saza sa-
ngena nesipato emva kwentsimbi; kanjalo
inqata lavingcela intsimbi, (ngokuba ebe-
ngarolanga irele esiswini sake,) eyapuma
pakati kwemilenze. 23 Wapuma ke u-
Ehudi waya entendelezweni, wavala ingca-
ngo zenkambili yangapezulu emva kwake,
wazitshixa. 24 Nxa abepumile yena, zeza
izicaka zake, zabona ukuba nanzi ingcango
zenkambili yangapezulu zitshixiwe; zaye
zisiti: Okunene uyagubungela innyawo
zake enkambilini yokupolisa. 25 Zaza
zalinda zada zadana; kekaloku bona ke,
akavula ingcango zenkambili yangapezulu;
ngako zatabata isitshixo, zavula ke: keka-
loku nantsi inkosi yazo ilele emhlabeni
ifile.
26 Waye u-Ehudi wasinda, nxa zisazi-
lazila; wayedhlula endaweni yemifanekiso
eqingqiweyo, wasindela e-Sehira. 27 Kwa-
ye kute, akufika, wavutela ngexilongo
entabeni yakwa-Frayime; lwaza usapo
luka-Sirayeli lwehla naye entabeni, *esiya*
yena pambi kwalo. 28 Wayesiti kulo:
Landelani emva kwami; ngokuba UYEHOVA
enikele intshaba zenu, ama-Mowabi, esa-
ndhleni senu. Lwasuka lwehla emva
kwake, lwabamba amazibuko ase-Yoredane
ngase-Mowabi, lungavumeli 'mntu awele.
29 Lwaye lubulala ama-Mowabi ngeloxe-
sha ngati angamawaka alishumi amadoda,
onke omelele, onke engamaroti kanjalo;
akasinda ke namnye umntu. 30 Kwa
njalo ama-Mowabi atotyiswa ngalomini
pantsi kwesandhla so-Sirayeli. Laza ilizwe
lapumla iminyaka yamashumi asibozo.
31 Nasemva kwake wabeko u-Shamgare,
unyana ka-Hanate, owabulala ama-Filisti-
ya, amakulu matandatu amadoda, ngento-
nga yenkabi: kwa njalo naye wasindisa o-
Sirayeli.



University of Fort Hare
Together in Excellence

4 LWAPINDA usapo luka-Sirayeli ukwe-
nza okukohlakeleyo emehlweni KAYE-
HOVA, xeshekweni u-Ehudi abefile. 2 Waza
UYEHOVA walutengisa esandhleni sika-Ya-
bine, ukumkani wase-Kanane, obepete
ubukumkani e-Hatsore; onkosi yempi
yake ibingu-Sisera, owahlala e-Haroshete
yabaheyideni. 3 Lwandula usapo luka-
Sirayeli lwakala KUYEHOVA: ngokuba ebe-
nennqwelo zesincete ezingamakulu alito-
ba; kanjako waluncinezela usapo luka-
Sirayeli ngamandhla iminyaka yamashumi
mabini.
4 Kekaloku u-Debora, umprofitekazi,
umfazi ka-Lapidote, yena wagweba o-
Sirayeli ngeloxesha. 5 Wayehleli ngapa-
ntsi kwomti wepalime ka-Debora, pakati
kwe-Rama ne-Betele, entabeni yakwa-
Frayime: lwaza usapo luka-Sirayeli lwe-
nyukela kuye ekugwebeni. 6 Watuma ke
wambiza u-Baraki, unyana ka-Abinowami
wase-Kedeshe-nefatali, wati kuye: UYE-
HOVA, UTIXO wo-Sirayeli, akayalelanga na,
*esiti:* Hamba usinge entabeni ye-Tabore,
utabate nawe amadoda angamawaka alishu-
mi elusatsheni luka-Nefatali naselusatshe-
ni luka-Zebulone. 7 Ndaye ndiya kumro-
lela kuwe emlanjeni we-Kishone u-Sisera,
inkosi yempi ka-Yabine, nennqwelo zake,
nesihlwele sake, ndimnikele esandhleni
sako. 8 Waza u-Baraki wati kuye: Ukuba
uya kuhamba nami, ndose ndihamba;
kodwa ukuba akuyi kuhamba nami, andiyi
kuhamba. 9 Wayesiti: Ndiya kuhamba
nawe ngennyaniso; kodwa noko ubu-
ngcwalisa abuyi kuba bobako endhleleni
uhamba ngayo; ngokuba UYEHOVA eya
kumtengisa u-Sisera esandhleni somfazi.
Wesuka u-Debora, waya no-Baraki e-Kede-
she. 10 Wandula u-Baraki wabiza o-Ze-
bulone no-Nefatali beze e-Kedeshe; we-
nyuka ke enamadoda angamawaka alishumi
ezinnyaweni zake; wayo u-Debora enyuka
naye.
11 Kekaloku u-Kebere, um-Keni, owo-
sapo luka-Hobabe, usomfazi ka-Mosesi,
ebahlukene nama-Keni, wada wamisa
intente yake ngaseyekeni e-Tsahananime
engase-Kedeshe.
12 Kwaza kwaxelwa ku-Sisera ukuba
u-Baraki, unyana ka-Abinowami, unyu-
kile intaba ye-Tabore. 13 Wandula u-
Sisera wabizela ndawonye zonke innqwelo
zake, innqwelo zesincete ezingamakulu
alitoba, nabo bonke abantu abanaye, bevela
e-Haroshete yabaheyideni, ngasemlanjeni
we-Kishone.
14 Waza u-Debora wati ku-Baraki: Su-
ka, ngokuba yiyo le immini UYEHOVA uni-
kele ngayo u-Sisera esandhleni sako:
UYEHOVA akapumanga pambi kwako na?
Wasuka u-Baraki wehla entabeni ye-
Tabore, namadoda angamawaka alishumi
emva kwake. 15 Wayo UYEHOVA wapiti-
zelisa u-Sisera nazo zonke innqwelo *zake*,
nomkosi wonke, ngohlangoti lwerele, pa-
mbi kwo-Baraki; wada u-Sisera wehla
ennqwelweni yake, wesaba ngennyawo
zake. 16 Kodwa u-Baraki wasukela in-
nqwelo, nomkosi, kwada kwakuyo e-Haro-
shete yabaheyideni: wati wonke umkosi
ka-Sisera wawa ngohlangoti lwerele; a-
kwasala *'mntu* kwa namnye.
17 Kekaloku u-Sisera wesaba ngennya-
wo zake waya ententeni ka-Yayeli, umfazi
ka-Kebere um-Keni: ngokuba beluko uxo-
lo pakati kwo-Yabine, ukumkani we-Ha-
tsore, nendhlu ka-Kebere um-Keni. 18 Wa-
puma u-Yayeli ukuya kumkaulela u-Sisera,
wati kuye: Pambukela, nkosi yami! pa-
mbukela kumi; ungoyiki. Waza wapa-
mbukela kuye ententeni, owamgubungela
ngengubo. 19 Wayesiti kuye: Kaundi-
seze intwana yamanzi, ngokuba ndinxani-
we. Waza wavula intsuba yobisi, wamseza,
wamgubungela. 20 Wati kanjalo kuye:
Yima emnyango wentente; kwakuya kuti,
uxa ezayo umntu, abuze kuwe, ati: Kuko
apa umntu na? woti: Akuko 'mntu. 21 Wa-
ndula u-Yayeli, umfazi ka-Kebere, wata-
bata isikonkwane sentente, wapata isando
esandhleni sake, waya kuye kakuhle, wa-
betela isikonkwane enklafunweni yake,
sada sangena emhlabeni: ngokuba yena
wawelwa bubutongo, wacubuka. Wafa
njalo ke. 22 Bona ke, xeshekweni u-
Baraki ebeputuma u-Sisera, wapuma u-
Yayeli ukuya kumkaulela, wati kuyo:
Yiza, ndiya kubonisa lomntu omfunayo.
Kekaloku akungena kuye, nanku u-Sisera
elele efile, nesikonkwane sisenklafunweni
yake.
23 Kwa njalo UTIXO wamtobisa ngalom-
mini u-Yabine, ukumkani wase-Kanane,
pambi kwosapo luka-Sirayeli. 24 Saza
isandhla sosapo luka-Sirayeli samana ukwa-
nda ukuba nzima pezu kwo-Yabine, uku-
mkani wase-Kanane, lwada lwamcita u-
Yabine, ukumkani wase-Kanane.



University of Fort Hare

5 WANDULA wavuma u-Debora, no-
Baraki unyana ka-Abinowami, ngalom-
mini, ngokuti :
2 Ngennxa yokukokela kwabakokeli
kwa-Sirayeli, ngennxa yokuzinikela kwa-
bantu ngokutumekelela, bongani UYEHOVA !
3 Yivani, nina 'bokumkani, nikani indhle-
be, nina 'zinkosi ! mina, KUYEHOVA ndovu-
ma mina ; ndiya kucula KUYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli.
4 YEHOVA ! ekupumeni kwako e-Sehire,
ekusukeni kwako ezweni le-Edome, um-
hlaba wangcangcazela, nezulu latontsela,
amafu nawo atontsela amanzi. 5 Intaba
zazamazama ebusweni BUKAYEHOVA, le-
Sinai ebusweni BUKAYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli.
6 Emihleni ka-Shamgare unyana ka-
Hanate, emihleni ka-Yayeli, zapumla in-
dhlela ; bati abahambi baya ngendhlela
ezigoso. 7 Bapela abapati kwa-Sirayeli,
bapela ; ndada ndavuka mina 'Debora,
*ndada* ndavuka ndingunina kwa-Sirayeli.
8 Kwanyulwa otixo abatsha ; kwandula
kwabako imfazwe emasangweni : kanene
bekubonwa ikaka na nomkonto pakati
kwamawaka angamashumi mane kwa-
Sirayeli ?
9 Inkliziyo yami ikubo abongama ba-
kwa-Sirayeli, abazinikelayo ngokutume-
kelela pakati kwabantu. Bongani UYE-
HOVA ! 10 Nina bakweleyo pezu kwama-
qwarashekazi amhlope, nina bahlalayo
ematyaleni, nani bahambayo endhleleni,
vumani ! 11 ngennxa yelizwi labawa-
bayo *amaxoba* pakati kwendawo zokuke-
lela ; kwa lapo baya kudumisa izenzo
ezilungileyo ZIKAYEHOVA, izenzo ezilungi-
leyo zokupata kwake kwa-Sirayeli : baya
kwandula ukuhla abantu BAKAYEHOVA baye
emasangweni.
12 Vuka, vuka, Debora ! vuka, vuka,
utete ingoma : suka, Baraki ! timba ama-
tinjwa ako, nyana ka-Abinowami !
13 Kwandula kwehla abaseleyo pakati
kwemiduna ; abantu BAKAYEHOVA behlela
kumi ngakuwo amagora : 14 kwa-Frayi-
me, abakuhlala kusema-Amalekini ; emva
kwako, u-Benjamine pakati kwabantu ba-
ko ; kwa-Makire behla abongama, nakwa-
Zebulone abapete intonga yombali. 15
Inkosi zakwa-Yisakare nazo bezino-Debo-
ra ; na*nj*engo-Yisakare, wanjalo u-Baraki ;
watunywa emhlanjeni ezinnyaweni zake.
Pakati kwemijelo yakwa-Rubene bekuko
amaqinga enkliziyo amakulu. 16 Yinina
ukuba ubuhleli pakati kwezibaya, ukuva
ukulila kwemihlambi ? Pakati kwemijelo
yakwa-Rubene bekuko izifuniselo zenkli-
ziyo ezikulu. 17 U-Gileyadi wema peshe-
ya kwe-Yoredane : no-Dane, yinina ukuba
wahlala ngasezinnqanaweni ? U-Ashere
ebehleli elunxwemeni lwolwandhle, wa-
hlala ngasemacwebeni ake. 18 U-Zebu-
lone, abantu *abo* balahlela ekufeni ubomi
babo, kwa no-Nefatali, pezu kwendawo
ezinde zelizwe.
19 Kweza okumkani, balwa ; bandula
balwa okumkani base-Kanane e-Tahanaki
ngasemanzini ase-Megido : inzuzo yemali
abayitabatanga. 20 Kwaliwa kwa sezu-
lwini ; inkwenkwezi ezindhleleni zazo
zalwa no-Sisera. 21 Umlambo we-Kishone
wabakukulisa, umlambo omdala, umla-
mbo we-Kishone. Mpefumlo wami ! unya-
tele amandhla. 22 Zandula impupu za-
mahashe zabeta, ngokuti bukuqu, ngokuti
bukuqu kwamaroti abo.
23 Qalekisani i-Meroze, yatsho ingelosi
KAYEHOVA, qalekisani kakulu abemi bayo ;
ngokuba bengezanga ukumnceda UYEHOVA,
ukumnceda UYEHOVA ngakuwo amagora.
24 Makatanyusanqelwe ngapezu kwaba-
fazi u-Yayeli, umfazi ka-Kebere um-Keni ;
makatanyusanqelwe ngapezu kwabafazi
ententeni. 25 Wacela amanzi, wanika
ubisi ; endebeni yenkosi wasondeza amasi.
26 Isandhla sake wasolulela kwisikonkwa-
ne, nesokunene sake kwisando sabasebenzi ;
wambeta u-Sisera, watyumza inkloko ya-
ke, wahlaba wabadhluza inklafuno yake.
27 Pakati kwennyawo zake watoba, wawa,
walala pantsi ; pakati kwennyawo zake
watoba, wawa ; apo watobayo, kwa kona
wawa ebulewe.
28 Unina ka-Sisera wakangela ngefe-
nstile, wamemeza ngesituba, *wati :* Kunga-
nina ukuba innqwelo yake iyalibala ukuza ?
kunganina ukuba amanyatela ennqwelo
zake ayazilazila ? 29 Inkosikazi zake ezi-
lumkileyo zapendula, ewe, wazipendulela
ngokwake, *ukuti :* 30 Abafumananga na ?
abawabelanga na amaxoba ? intombi, into-
mbi 'mbini kwindoda ngendoda ; amaxoba
engubo ezinamabala ngamabala kuye u-
Sisera, amaxoba engubo ezinamabala nga-
mabala zitungiwe, ingubo ezinamabala
ngamabala zitungiwo amacala omabini,
ezifanele intamo zabatimbi ?
31 Makube njalo ukutshatyalaliswa kwa-



University of Fort Hare
Together in Excellence

zo zonke intshaba zako, YEHOVA! kodwa
abo bantandayo, mababe njengokupuma
kwelanga emandhleni alo.

Laza ilizwe lapumla iminyaka yamashu-
mi mane.

6 KEKALOKU usapo luka-Sirayeli lwe-
nza okukohlakeleyo emehlweni KAYE-
HOVA; waza UYEHOVA walunikela esandhle-
ni sama-Midiyane iminyaka yasixenxe.
2 Sati isandhla sama-Midiyane sanama-
ndhla pezu kwo-Sirayeli: bekungennxa
yama-Midiyane usapo luka-Sirayeli lwaze-
nzela amaroba asezintabeni, nemiqolomba,
nennqaba. 3 Kwaye kute, nxa bahlwaye-
leyo o-Sirayeli, andula enyuka ama-Midi-
yane, nama-Amaleki, namadoda asempu-
malanga enyuka nawo ngakubo; 4 aza
abaraula, akwonakalisa ukuhluma kwom-
hlaba, kude kwaziwa e-Gaza; akasalisa
ke impiliso kwa-Sirayeli, negusha, nenka-
bi, neqwarashe. 5 Ngokuba ebenyuka
nenkomo zawo nentente zawo, eza njengen-
kumbi ngobuninzi, kwada akwabi naku-
balwa wona nenkamela zawo; eza elizweni
ukulonakalisa. 6 Kwa njalo o-Sirayeli
bahlwentshuziswa kakulu ngennxa yama-
Midiyane. Lwaza usapo luka-Sirayeli
lwakala KUYEHOVA.

7 Kwaye kute, xeshekweni usapo luka-
Sirayeli lwakala KUYEHOVA ngennxa yama-
Midiyane, 8 wandula UYEHOVA watuma
umprofite kulo usapo luka-Sirayeli, owati
kulo: Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
ukuti: Mina ndininyusile e-Jipete, ndi-
nikupile endhlwini yobukoboka; 9 ndani-
hlangula esandhleni sama-Jipete, nasesa-
ndhleni sabo bonke ababandezeli benu,
ndabagxota ebusweni benu, ndaninika ili-
zwe labo: 10 ndaza ndati kuni: Mina
ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu; ningoyiki
otixo baba-Amori, enihleli elizweni labo.
Kodwa anipulapulanga ilizwi lami.

11 Kwaye kusiza ingelosi KAYEHOVA,
yahlala ngapantsi kwomkoba ose-Hofera,
oka-Yohashe, um-Abihezere; waye u-
Gideyone unyana wake ebula innqolowa
ngasesincinezelweni seveyine, ukuba ayi-
zimeze kuma-Midiyane. 12 Yaza ingelosi
KAYEHOVA yabonakala kuye, yati kuye: U-
YEHOVA unawe, wena 'gora elinoburoti! 13
Waza u-Gideyone wati kuye: Ke, nkosi ya-
mi! ukuba UYEHOVA unati, kunganina ukuba
konke oku kusihlile? kanjako ipina yonke
imimangaliso yake esiyibaliselwe ngobawo
betu, besiti: UYEHOVA akasinyusanga na
e-Jipete? kodwa ngoku UYEHOVA usilahlile,
usinikele esandhleni sama-Midiyane. 14
Wandula UYEHOVA wabeka kuye, wati:
Hamba ngalamandhla ako, wauya kusindi-
sa o-Sirayeli esandhleni sama-Midiyane:
andikutumanga na? 15 Waza wati kuye:
Ke, NKOSI! ndiya kusindisa o-Sirayeli
nganto nina? bona ke, iwaka lami lelibu-
hlwempu kwa-Manase, nami ndingomnci-
nane endhlwini kabawo. 16 Wayesiti
UYEHOVA kuye: Ngennyaniso ndoba nawe;
wauya kubeta ama-Midiyane njengomntu
'mnye. 17 Waza wati kuye: Ukuba ka-
loku ndifumene ufefe emehlweni ako, uz'
undenzele umqondiso wokuba unguwe
oteta nami. 18 Ungemki ke apa, ndide
ndize kuwe, ndikupe umnikelo wami, ndi-
wubeke pantsi pambi kwako. Wayesiti:
Ndiya kuhlala ude ubuye.

19 Wasuka u-Gideyone wangena, walu-
ngisa itakane lebokwe, nezonkana ezinge-
nagwele zeyefa yomgubo: innyama wayi-
beka esityeni, nomhluzi wawubeka embi-
zeni, wakupela kuye ngapantsi kwomkoba,
wasondeza. 20 Yaza ingelosi KAYEHOVA
yati kuye: Tabata lennyama nezonkana
ezingenagwele, uzibeke pantsi elulwalweni
olu, nomhluzi uwutulule. Wenje njalo ke.
21 Yandula ingelosi KAYEHOVA yolula
inncame yentonga ebisesandhleni sayo,
yacukumisa innyama nezonkana ezinge-
nagwele; kwaza kwenyuka umlilo elu-
lwalweni, owadhla innyama nezonkana
ezingenagwele. Yandula ingelosi KAYE-
HOVA yemka emehlweni ake.

22 Kekaloku nxa u-Gideyone abebona
ukuba iyingelosi KAYEHOVA, waza u-Gide-
yone wati: Au, NKOSI, YEHOVA! ngokoku-
ba ndibonile ingelosi KAYEHOVA ubuso
ngakubo ubuso. 23 Koko UYEHOVA wati
kuye: Uxolo malube kuwe; ungoyiki;
akuyi kufa.

24 Wandula u-Gideyone wakela kona
isibingelo KUYEHOVA, wasibiza ngokuti yi-
Yehova-shalome: siseko nanamhla e-Ho-
fera yama-Abihezere.

25 Kwabekute kwa ngobobusuku, waye
UYEHOVA esiti kuye: Tabata inkatyana,
eyekayihlo, kwa inkatyana yesibini, e-
minyaka isixenxe, usicite isibingelo sika-
Bali, eso uyihlo anaso, uyigaule i-Ashera
engakuso: 26 uze usake isibingelo KUYE-
HOVA, UTIXO wako, pezu kwengcopo yalen-
nqaba, ngokucwangcisa; uze utabate inka-



University of Fort Hare

tyana yesibini, unikele idini lokutshiswa
ngenkuni ze-Ashera oya kuyigaula. 27
Wandula u-Gideyone watabata amadoda
alishumi ezicakeni zake, wenza njengokuba
UYEHOVA ebetshilo kuye: kodwa bekute,
ngokokuba ebesoyika indhlu yoyise nama-
doda esosixeko, ukuba wakohlwa ukwenza
*oku* emmini, ngako wakwenza ebusuku.
28 Kekaloku akuvuka amadoda esosixeko
kusasa, nasi ke isibingelo sika-Bali sicitiwe,
ne-Ashera ebingakuso igauliwe, nenkatya-
na yesibini inikelwe pezu kwesibingelo
esibe sakiwe. 29 Aza ati ennye kwennye:
Ngubanina owenze lento? Naxeshekweni
abuza afuna nokufuna, kwatiwa: Ngu-
Gideyone, unyana ka-Yohashe, owenze
lento. 30 Asuka amadoda esosixeko ati
ku-Yohashe: Kupa unyana wako, ukuba
afe; ngokuba ewisile isibingelo sika-Bali,
nangokuba egaulile i-Ashera ebingakuso.
31 Waza u-Yohashe wati kubo bonke aba-
bemi ngakuye: Niya kupikela u-Bali na?
niya kusindisa yena na? Lowa oya
kumpikela, makafiswe engekasi: ukuba
unguye utixo, makazipikele ngokwake,
ngennxa yokuba kuwisiwe isibingelo sake.
32 Ngako wabizwa ngalommini ngo-Yeru-
bebali,* kusitwa: u-Bali makapike naye,
ngennxa yokuba ewisile isibingelo sake.
33 Kekaloku onke ama-Midiyane, nama-
Amaleki, namadoda asempumalanga, abe-
butelwe ndawonye, awela, aya ati waca
emhlanjeni we-Yezerele. 34 Wandula
umoya KAYEHOVA wangena ku-Gideyone,
owavutela ngexilongo; aza ama-Abihezere
ahlanganisana emva kwake. 35 Kanjalo
watuma izigidimi pakati kwawo onke ama-
Manase; aza nawo ahlanganisana emva
kwake: watuma nezigidimi pakati kwa-
ma-Ashere, napakati kwama-Zebulone, na-
pakati kwama-Nefatali; abenyuka ukuya
kuhlangana nawo.
36 Waza u-Gideyone wati KUTIXO: U-
kuba uya kusindisa o-Sirayeli ngesandhla
sami, njengokuba utshilo, 37 bona ke,
ndiya kubeka uboya obucetyiweyo esiba-
yeni sokubula: ukuba kuya kubako umbete
pezu kwoboya bodwa, nokwoma pezu
kwomhlaba wonke, sendiya kukwazi ukuba
uya kusindisa o-Sirayeli ngesandhla sami,
njengokuba utshilo. 38 Kwaye kunjalo
ke: ngokuba wavuka kusasa ngomnye
umhla, wakamanga uboya, wafoca umbete
eboyeni, indebe izele ngamanzi. 39 Waza
u-Gideyone wati KUTIXO: Makungavuti
ingqumbo yako ngakumi, ndandiya kuteta
kube kaloku kodwa: mandilinge ke ngo-
boya kube kaloku kupela; makubeko u-
kwoma eboyeni bodwa ke, napezu kwom-
hlaba wonke makubeko umbete. 40
Waye UTIXO wenje njalo ngobobusuku:
ngokuba bekuko ukwoma eboyeni bodwa,
napezu kwomhlaba wonke bekuko um-
bete.

7 WAZA wavuka kusasa u-Yerubebali,
ongu-Gideyone, nabo bonke abantu aba-
naye; baya bati waca ngasemtonjeni we-
Harodi: waye umkosi wama-Midiyane
ubungecala labo lasenode, ngasendulini
ka-More, emhlanjeni. 2 Wayesiti UYEHOVA
ku-Gideyone: Baninzi abantu abanawe
ukuba ndinikele ama-Midiyane esandhleni
sabo, hlezibe u-Sirayeli aqayise ngakumi,
esiti: Isandhla sami sindisindisile!
3 Ngako kaloku danduluka ke ezindhle-
beni zabantu, ngokuti: Osukuba esoyika
engcangcazela, makabuye, emke entabeni
ye-Gileyadi. Kwaza kwabuya kubo aba-
ntu amawaka angamashumi mabini anama-
bini; ada asala amawaka alishumi.
4 Wayesiti UYEHOVA ku-Gideyone: Aba-
ntu basebaninzi; bahlisele ngasemanzini,
ndokulingela bona apo: kwakuya kuti,
lowo endiya kutsho ngaye kuwe: Lo uya
kuhamba nawe, yena wohamba nawe; no-
sukuba ndiya kutsho ngaye kuwe: Lo aka-
yi kuhamba nawe, yena akayi kuhamba.
5 Wandula wahlisela abantu ngasemanzini.
Waza UYEHOVA wati ku-Gideyone: Bonke
abaxapa amanzi ngolwimi lwabo, njengo-
kuba ixapa inja, ubabeke bodwa; kwa
nabo bonke abaguqa ngamadolo abo ukuba
kuselwe. 6 Laye inani labo baxapayo
ngokubeka isandhla sabo emlonyeni wabo
belingamadoda angamakulu matatu: ko-
dwa bonke abanye abantu baguqa ngama-
dolo abo ukuba basele amanzi. 7 Waza
UYEHOVA wati ku-Gideyone: Ngalamakulu
matatu amadoda abexapa ndiya kunisindi-
sa, ndinikele ama-Midiyane esandhleni
sako; nabo bonke *abanye* abantu mabaha-
mbe baye abanye ngabanye ezindaweni
zabo. 8 Basuka abantu bapata umpako
esandhleni sabo, namaxilongo abo; kanti
*amanye* amadoda akwa-Sirayeli wawatuma
ayo amanye ngamanye ezintenteni zawo,
wabambelela kuwo lomadoda amakulu

* *Oko kukuti:* Makapike u-Bali.



University of Fort Hare
Together in Excellence

matatu. Waye umkosi wama-Midiyane
ubusezantsi kwake emhlanjeni.
9 Kwayo kute pakati kwobusuku obo,
wati UYEHOVA kuye: Suka, yihla uye kuwo
umkosi; ngokuba ndiwunikele esandhleni
sako. 10 Kodwa ukuba uyoyika ukuhla,
yihla wena, no-Fura isicaka sako, uye
emnqubeni: 11 wauya kuva oko kutetwa-
yo; nakamva isandhla sako siya kwomele-
zwa, ukuba uhle uye kuwo umkosi. Waza
wehla yena, no-Fura isicaka sake, waya
enncameni yabaxòbileyo ababesemnqubeni.
12 Kekaloku ama-Midiyane, nama-Amale-
ki, nawo onke amadoda asempumalanga,
ebelele pantsi emhlanjeni njengenkumbi
ngobuninzi; kanjalo inkamela zawo bezi-
ngenakubalwa, zinjengenklabati eselu-
nxwemeni lwolwandhle ukuba zininzi.
13 Wati akufika u-Gideyone, nantsi
indoda ibalisa ipupa kumlingane wayo,
eyati: Bona ke, ndipupile ipupa, kekaloku
bona ke, isimba lesonka seralasi laziqe-
ngqela emnqubeni wama-Midiyane, lafike-
lela ententeni, layibeta ukuba yawa, layi-
petula kanye, yada yalala pantsi intente
leyo. 14 Waza umlingane wayo wape-
ndula wati: Akuko 'nto oku kupela lirele
lika-Gideyone, unyana ka-Yohashe, indoda
yakwa-Sirayeli: UTIXO unikele esandhleni
sake ama-Midiyane, nomkosi wonke.
15 Kwaye kute, xeshekweni u-Gideyone
ebevile ukubaliswa kwepupa elo nokutyi-
lwa kwalo, wandul' ukubedesha; wasuka
wabuyela emkosini wama-Sirayeli, wati:
Sukani; ngokuba UYEHOVA enikele umkosi
wama-Midiyane esandhleni senu.
16 Waza wahlula lomadoda amakulu
matatu abe ngamaqela amatatu, wani-
ka amaxilongo ezandhleni zawo onke,
nemipanda ezé, nezibane pakati kwemi-
panda. 17 Wayesiti kuwo: Kangelani
kumi, nize nenje njalo: kekaloku bona ke,
ndakufika enncameni yomnquba, njengo-
kuba ndisenza mina, niya kwenje njalo
nina. 18 Nxa ndivutelayo ngexilongo,
nabo bonke abanami, nandule nivutele
ngamaxilongo nani ngento engqongayo
wonke umnquba, niti: *Rele* LIKAYEHOVA
nelika-Gideyone!
19 Wada wafika u-Gideyone, nekulu la-
madoda elinaye, enncameni yomnquba,
ekuqaleni kwelipakati ivarasho lobusuku,
eebetshu kumisiwe abalindi: bandula ba-
vutela ngamaxilongo, baqekeza imipanda
ebisezandhleni zabo. 20 Aza amaqela
omatatu avutela ngamaxilongo, aqekeza
imipanda, abamba izibane ngezandhla za-
wo zokohlo, namaxilongo ngezandhla zawo
zokunene, kuze kuvutelwe *ngawo;* ada-
nduluka, *esiti:* Rele LIKAYEHOVA nelika-
Gideyone!
21 Bema ke bonke ngabanye ezindaweni
zabo, bengqonga umnquba. Wada wonke
umkosi wabaleka, wakala, wesaba. 22 Ke-
kaloku akuvutela lomadoda amakulu ma-
tatu ngamaxilongo, wandula UYEHOVA wa-
beka irele lomnye ngakuye omnye, pakati
kwomnquba wonke; waza umkosi wesabe-
la kude kwase-Bete-shita ngase-Tserera,
*na*kude kwasemdeni we-Abele-mehola
ngase-Tabate.
23 Kwaza kwabizelwa ndawonye ama-
doda akwa-Sirayeli, awakwa-Nefatali, na-
wakwa-Ashere, nawo onke awakwa-Ma-
nase, asukela ama-Midiyane. 24 Kanjalo
u-Gideyone watuma izigidimi kuyo yonke
intaba yakwa-Frayime, ukuti: Yihlani
ngakuwo ama-Midiyane, niwapangele uku-
bamba amanzi kude kube se-Betebara, ne-
Yoredane. Andula onke amadoda akwa-
Frayime abizelwa ndawonye, abamba ama-
nzi kude kwase-Betebara, ne-Yoredane.
25 Abamba nenkosi ezimbini zama-Midi-
yane, u-Worebe no-Zibe; abulala u-Worebe
eweni lika-Worebe, no-Zibe ambulala esi-
ncinezelweni seveyine sika-Zibe, awasu-
kela ama-Midiyane; aza azisa inkloko ka-
Worebe neka-Zibe ku-Gideyone pesheya
kwe-Yoredane.
8 Asuka amadoda akwa-Frayime ati ku-
ye: Yinto nina le uyenzileyo kuti, unga-
sibizanga nje oko wabusiya ukulwa nama-
Midiyane? Aza apika naye ngamandhla.
2 Kodwa wati kuwo: Yinto nina endiye-
nzileyo kaloku, njengani? Imbikico zama-
Frayime azilungile na pezu kwesivuno
sama-Abihezere? 3 Kwezenu izandhla
UTIXO unikele inkosi zama-Midiyane, u-
Worebe no-Zibe: yinto nina ke endibe
ndingayenzayo njengani? Wandula umsi-
ndo wawo wamdambela, akuba etetile
elozwi.
4 Kekaloku u-Gideyone weza e-Yoreda-
ne, wawela, yena nalomadoda amakulu
matatu abenaye, ediniwe, eputuma noko.
5 Waza wati kubo abantu base-Sukote:
Nikani ke amasimba esonka kubo abantu
abandilandelayo, ngokuba bediniwe; ka-
njalo ndiyaputuma u-Zeba no-Tsalemuna,
okumkani bama-Midiyane. 6 Kodwa inkosi



University of Fort Hare

zase-Sukote zati: Isandhla sika-Zeba ne-
sika-Tsalemuna sezisesandhleni sako na,
ukuba sinike impi yako isonka? 7 Waza
u-Gideyone wati: Ngako oko, akuba UYE-
HOVA enikele u-Zeba no-Tsalemuna esa-
ndhleni sami, ndiya kwandula ndibule
inyama yenu kunye nameva asenklango
namazinyo esincete. 8 Wenyuka kona
waya e-Penuweli, wateta kubo ngokunjalo:
kodwa abantu base-Penuweli bampendula
njengokupendula kwabantu base-Sukote.
9 Wateta nakubo abantu base-Penuweli,
esiti: Nxa ndibuya ngoxolo, ndiya kucita
lenqaba.

10 Kekaloku u-Zeba no-Tsalemuna be-
bese-Karekore, nemikosi yabo kunye nabo,
ngati angamawaka alishumi elinamahlanu
*amadoda*, onke abesele kuwo wonke umkosi
wamadoda asempumalanga: ngokuba be-
kuwile amadoda angamawaka alikulu eli-
namashumi mabini aberola irele. 11 Waza
u-Gideyone wenyuka ngendhlela yabahla-
la ezintenteni, ngecala lasempumalanga
le-Nobaki ne-Yogebeha, wabeta umkosi;
ngokuba umkosi ubusekunqabeni. 12 Ba-
suka besaba u-Zeba no-Tsalemuna; kodwa
wabaputuma, wabamba okumkani bobabini
bama-Midiyane, u-Zeba no-Tsalemuna, na-
wo wonke umkosi wawutusa.

13 Wati akubuya u-Gideyone, unyana
ka-Yohashe, ekulweni, lingekapumi ila-
nga, 14 wabamba indodana yakubo abantu
base-Sukote, wayibuza: eyambalisela inkosi
zase-Sukote, nabadala bayo, amadoda anga-
mashumi asixenxe anesixenxe. 15 Wa-
ndula weza kubo abantu base-Sukote, wati:
Naba u-Zeba no-Tsalemuna, enibe nindi-
gxeka ngabo, nisiti: Isandhla sika-Zeba
nesika-Tsalemuna sezisesandhleni sako na,
ukuba sinike amadoda ako adiniweyo iso-
nka? 16 Waza watabata abadala besixeko,
nameva asenklango, namazinyo esincete,
wabazisa ngawo abantu base-Sukote. 17
Nenqaba yase-Penuweli wayicita, naba-
ntu besixeko wababulala.

18 Wandula wati ku-Zeba no-Tsalemuna:
Ebenjanina amadoda enawabulalayo e-Ta-
bore? Baza bati: Njengokuba *unjalo* wena,
ebenjalo wona, amanye ngamanye efana
nonyana bokumkani. 19 Wayesiti: Ebe-
ngabazalwana bami, onyana bakamá: *nje-
ngokuba* UYEHOVA ehleli, ukuba benilondo-
lozile bona behleli, ngandingabulali nina.
20 Waza wati ku-Yetere, owamazibulo
wake: Suka, babulale. Kodwa indodana
leyo ayarola irele layo; ngokuba ibisoyika,
iseyindodana nje. 21 Bandula u-Zeba no-
Tsalemuna bati: Suka wena, usiwele; ngo-
kuba njengokuba *injalo* indoda, akwa njalo
amandhla ayo. Waselesuka u-Gideyone,
wabulala u-Zeba no-Tsalemuna, wasusa
innyangara ezibe zisezintanyeni zenkamela
zabo.

22 Andula amadoda akwa-Sirayeli ati
ku-Gideyone: Pata ubukosi pezu kwetu,
kwa wena, nonyana wako, nonyana wo-
nyana wako; ngokuba usisindisile esa-
ndhleni sama-Midiyane. 23 Kodwa u-
Gideyone wati kuwo: Mina andiyi kupata
ubukosi pezu kwenu, naye unyana wami
akayi kupata ubukosi pezu kwenu; NGUYE-
HOVA oya kupata ubukosi pezu kwenu.

24 Waza u-Gideyone wati kuwo: Ma-
kendicele isicelo kuni, sokuba nindinike
abanye ngabanye imisesane yempango yabo.
(Ngokuba ebenemisesane yegolide, engama-
Shimayeli nje.) 25 Ati ke: Sonxamela
ukunika. Aza ayaneka ingubo, ayiposela
kona amanye ngamanye imisesane yem-
pango yawo. 26 Nokuba nzima kwayo
imisesane yegolide ayicelileyo, bekuliwaka
linamakulu asixenxe *leshekele* zegolide;
ngapandhle kwennyangara, namajikazi,
nengubo ezibomvu, ezibe zipezu kwabo
okumkani bama-Midiyane, nangapandhle
kwemixokolelwane ebisezintanyeni zenka-
mela zabo. 27 Waye u-Gideyone wenza
ngayo iyefodi, wayimisa esixekweni sake,
e-Hofera: basuka bonke o-Sirayeli barexe-
zela emva kwayo kona; eyaba ngumgibe
ku-Gideyone nakwindhlu yake.

28 Kwa njalo ama-Midiyane atotyiswa
pambi kwosapo luka-Sirayeli; akabuya
apakamise inkloko zawo. Lati ilizwe lapu-
mla iminyaka yamashumi mane emihleni ka-
Gideyone. 29 Waza u-Yerubebali, unyana
ka-Yohashe, waya wahlala endhlwini yake.
30 Waye u-Gideyone enonyana abanga-
mashumi asixenxe, ababepumile esinqeni
sake: ngokuba ebenabafazi abaninzi. 31
Neshweshwe lake elise-Shekeme, kwa lona
lamzalela unyana; negama lake walibiza
ngo-Abimeleki. 32 Wada u-Gideyone, u-
nyana ka-Yohashe, wafa ebudaleni obuko-
lisileyo, wancwatywa encwabeni lika-Yoha-
she uyise wake, e-Hofera yama-Abihezere.

33 KWAYE kute, akuba u-Gideyone
efile, lwandula usapo luka-Sirayeli lwa-
buya lwarexezela emva kwabo o-Bali,



University of Fort Hare
Together in Excellence

lwazenzela u-Bali-berite abe ngutixo walo.
34 Kwa njalo usapo luka-Sirayeli alwa-
kumbula UYEHOVA, UTIXO walo, owabelu-
hlangule esandhleni sentshaba zalo ezi-
ngqongayo. 35 Kanjako alwenza ububele
kwindhlu ka-Yerubebali, ka-Gideyone,
njengako konke okulungileyo abekwenzile
ko-Sirayeli.

9 Waza u-Abimeleki, unyana ka-Yerube-
bali, waya e-Shekeme, kubazalwana
bonina, wateta kubo, nakuso sonke isiza-
lwane sendhlu yoyise kanina, esiti: 2 Te-
tani ke ezindhlebeni zabo bonke abemi
base-Shekeme, *niti:* Yiyipina into eni-
lungeleyo, eyokuba amadoda amashumi
asixenxe, bonke onyana baka-Yerubebali,
apate ubukosi pezu kwenu, eyokuba
indoda innye ipate ubukosi pezu kwenu,
kusinina? kumbulani kanjalo, ukuba ndi-
litambo lenu nennyama yenu mina. 3
Bandula abazalwana bonina bateta ngaye
ezindhlebeni zabo bonke abemi base-She-
keme kwa lamazwi onke; zaza inkliziyo
zabo zatobela emva kwo-Abimeleki; ngo-
kuba bebesiti: Ungumzalwana wetu. 4
Baza bamnika *amaqosha* esilivere angama-
shumi asixenxe evela kuyo indhlu ka-Bali-
berite; owati ngawo u-Abimeleki waqasha
amadoda angendawo abubedengu, abem-
landela. 5 Wasuka waya endhlwini ka-
yise e-Hofera, wabulala abazalwana bake,
onyana baka-Yerubebali, amadoda angama-
shumi asixenxe, pezu kwelitye linye; ko-
dwa kwasala u-Yotame, unyana omncinane
ka-Yerubebali, ngokuba ebezimele. 6
Baza bahlanganisana bonke abemi base-
Shekeme, nabo bonke abendhlu ye-Milo,
baya bamenza u-Abimeleki ukumkani,
ngaseyekeni yentsika yokukumbuza ese-
Shekeme.

7 Wati akuxelelwa u-Yotame, wandula
waya wema engcotsheni yentaba ye-Geri-
zime, wapakamisa ilizwi lake, wadandulu-
ka, wati kubo: Pulapulani kumi, nina
'bemi base-Shekeme! ukuba UTIXO apula-
pule kuni. 8 Imiti yaka yahamba iye
kutambisa ukumkani pezu kwayo; yayisiti
kumnquma: Yiba ngukumkani pezu
kwetu. 9 Kodwa umnquma wati kuyo:
Ngendiyeka ubutyebi bami na, okungabo
kubekwa UTIXO nabantu ngami, ukuba
ndiye ukujingajinga pezu kwemiti? 10
Yandula imiti yati kuwo umkiwane: Yiza
wena, ube ngukumkani pezu kwetu. 11
Kodwa umkiwane wati kuyo: Ngendiyeka
ubumnandi bami na, nesiqamo sami esilu-
ngileyo, ukuba ndiye ukujingajinga pezu
kwemiti? 12 Yaza imiti yati kuwo umti
weveyine: Yiza wena, ube ngukumkani
pezu kwetu. 13 Kodwa umti weveyine
wati kuyo: Ngendiyeka iveyine yami na,
evuyisa UTIXO nabantu, ukuba ndiye uku-
jingajinga pezu kwemiti? 14 Yandula
yonke imiti yati kuwo umtolo: Yiza wena,
ube ngukumkani pezu kwetu. 15 Kodwa
umtolo wati kuyo imiti: Ukuba kungen-
nyaniso ninditambisayo ndibe nguku-
mkani pezu kwenu, yizani, nitembele esitu-
nzini sami; kodwa ukuba akunjalo, mau-
pume umlilo emtolweni, udhle isedare ze-
Lebanone. 16 Ngako kaloku, ukuba ne-
nzile ngennyaniso nangolungelelano ngo-
kumenza u-Abimeleki ukumkani, nokuba
nenzile okulungileyo ku-Yerubebali na-
kwindhlu yake, nokuba nenzile kuye
njengemfanelo yezandhla zake;—17 (ngo-
kuba ubawo ebenilwela, walahla kude
ubomi bake, wanihlangula esandhleni
sama-Midiyane; 18 kanti nina nivukile
namhla ngakuyo indhlu kabawo, nonyana
bake nibabulele, amadoda amashumi asi-
xenxe, pezu kwelitye linye, no-Abimeleki,
unyana wesicakakazi sake, nimenzile uku-
mkani pezu kwabemi base-Shekeme, ngo-
kuba engumzalwana wenu;) 19 ngako uku-
ba nenzile ngennyaniso nangolungelelano
ku-Yerubebali nakwindhlu yake namhla
nje, vuyani ngaye u-Abimeleki, naye ma-
kavuye ngani: 20 kodwa ukuba akunjalo,
maupume umlilo kuye u-Abimeleki, udhle
abemi base-Shekeme nabendhlu ye-Milo;
kanjako maupume umlilo kubo abemi
base-Shekeme nakubo abendhlu ye-Milo,
udhle u-Abimeleki.

21 Wasuka u-Yotame wabaleka, wesaba,
waya e-Bere, wahlala kona ngennxa ka-
Abimeleki umzalwana wake.

22 Nxa u-Abimeleki abepete ubukosi
pezu kwo-Sirayeli iminyaka yamitatu, 23
wandula UTIXO watuma ummoya ombi
pakati kwo-Abimeleki nabemi base-Sheke-
me; baza abemi base-Shekeme benza
ngenkohliso ngaku-Abimeleki: 24 ukuba
kufike ubudhlwengu *obusenziwa* ngakubo
onyana abangamashumi asixenxe baka-Ye-
rubebali, nokuba kubekwe igazi labo pezu
kwo-Abimeleki umzalwana wabo, owabe-
babulele, napezu kwabemi base-Shekeme,
ababe bomelezile izandhla zake ukubulala
abazalwana bake. 25 Baye abemi base-



University of Fort Hare

Shekeme bambekela abalaleli pezu kwen-
gcocoyi zentaba, abapanga bonke ababe-
dhlula kubo endhleleni: kwaza kwaxelwa
ku-Abimeleki.
26 Kekaloku u-Gale, unyana ka-He-
bedi, weza nabazalwana bake, badhlu-
lela e-Shekeme; bati abemi base-She-
keme batembela kuye. 27 Baza bapuma
baya emasimini, baka idreyive zezitiya
zabo, bazixovula, benza imigcobo, baya
endhlwini yotixo wabo, badhla, basela, ba-
tuka u-Abimeleki. 28 Wayesiti u-Gale,
unyana ka-Hebedi: Ungubanina u-Abime-
leki, angobanina ama-Shekeme, ukuba
sikonze kuye? asi ngunyana ka-Yerube-
bali na? no-Zebule asi ngumlindi wake
na? konzani amadoda ka-Hamore uyise
ka-Shekeme; ngokuba kunganina ukuba
sikonze kuye tina? 29 Akwaba ababantu
babesesandhleni sami! ngendisandul' ukum-
shenxisa u-Abimeleki. Waza wati ku-Abi-
meleki: Yandisa impi yako, upume.
30 Xeshekweni u-Zebule, umpati we-
sixeko, ebevile amazwi ka-Gale, unyana
ka-Hebedi, yandu ukuvuta ingqumbo
yake. 31 Waza watuma izigidimi ku-Abi-
meleki ngobuqokolo, ukuti: Bona ke, u-
Gale, unyana ka-Hebedi, nabazalwana
bake, bafikile e-Shekeme; kanjalo bona ke,
bayavuselela isixeko ngakuwe. 32 Ngako
kaloku suka ebusuku, wena nabantu aba-
nawe, ulalele ezindhle: 33 kwakuya kuti
ngomso, lakukova ilanga ukupuma, uvuke
kusasa, ugaleleke pezu kwesixeko; kanja-
lo bona ke, nxa bapumela kuwe, yena na-
bantu abanaye, uya kwenza kuye, njengo-
kufumana kwesandhla sako.
34 Wandula wesuka u-Abimeleki, naba-
ntu bonke ababenaye, ebusuku, baya bala-
lela ngakuyo i-Shekeme ngamaqela mane.
35 Waza wapuma u-Gale, unyana ka-He-
bedi, wema emnyango wesango lesixeko;
wesuka no-Abimeleki, nabantu ababenaye,
endaweni yokulalela. 36 Xeshekweni u-
Gale abebona abantu, wati ku-Zebule:
Naba abantu besihla ezingcocoyini zenta-
ba. Kodwa u-Zebule wati kuye: Uyabona
isitunzi sentaba njengokungati singama-
doda. 37 Walekela u-Gale ukuteta, wati:
Naba abantu besihla enkalweni yelizwe,
nelinye iqela lisiza ngendhlela yeyeke
ye-Mehonenime. 38 Wandula u-Zebule
wati kuye: Upina ke umlomo wako, owa-
busitsho ngawo ukuti: Ungubanina u-Abi-
meleki, ukuba sikonze kuye? Asi ngaba
na abobantu ubadelileyo? Puma ke ka-
loku, ulwe nabo. 39 Wasuka u-Gale wa-
puma pambi kwabemi base-Shekeme, wa-
lwa no-Abimeleki. 40 Wati u-Abimeleki
wamsukela, wada wabaleka ebusweni
bake: kwaza kwawa abahlatyiweyo aba-
ninzi kude kwasemnyango wesango. 41
Waya u-Abimeleki wahlala e-Aruma: ka-
njalo u-Zebule wamgxota u-Gale nabaza-
lwana bake, ukuze bangahlali e-Shekeme.
42 Kwabekute ngomnye umhla, bapuma
abantu baya ezindhle; kwaza kwaxelwa
ku-Abimeleki. 43 Waye etabatile abantu,
wabahlula babe ngamaqela matatu, wala-
lela ezindhle; wati akukangela, naba
abantu bepuma esixekweni; waza wesuka
ngakubo, wababeta. 44 Ngokuba u-Abi-
meleki nabeqela elinaye bati bukuqu,
baza bema emnyango wesango lesixeko;
n*amanye* amaqela omabini wona ati buku-
qu pezu kwabo bonke abasezindhle, uba-
beta. 45 Waza u-Abimeleki walwa nga-
kuso isixeko ngalomini yonke, watimba
isixeko, nabo bonke abantu abakuso waba-
bulala; kanjalo wasicita isixeko, wahlwa-
yela ityuwa pezu kwaso.
46 Bati bakuva *oku* bonke abemi ben-
nqaba yase-Shekeme, bandula bangena
ennqatyeni yendhlu yotixo u-*Bali*-berite.
47 Kwaza kwaxelwa ku-Abimeleki, ukuba
bonke abemi bennqaba yase-Shekeme ba-
hlanganisene. 48 Wasuka u-Abimeleki
wenyuka intaba ye-Tsalimone, yena naba-
ntu bonke ababenaye: waza u-Abimeleki
watabata izembe esandhleni sake, wa-
gaula isebe lasemitini, walicola, walibeka
pezu kwegxalaba lake, wati kubo abantu
ababenaye: Oko enibonileyo ukuba ndi-
kwenzile, nxamani nenze njengami. 49
Baza bonke abantu bagaula nabo abanye
ngabanye amasebe abo, bamlandela u-Abi-
meleki, bawabeka ngasennqatyeni, bayi-
tshisa pezu kwabo innqaba leyo ngomlilo,
bada bafa bonke abantu bennqaba yase-
Shekeme nabo, ngati liwaka lamadoda
nabafazi.
50 Wandula u-Abimeleki waya e-Tebe-
tse, wayiraula i-Tebetse, wayitimba. 51
Kodwa bekuko innqaba enamandhla pakati
kwesixeko eso; baza babalekela kona onke
amadoda nabafazi, kwa bonke abemi besi-
xeko, bazivalela, benyuka pezu kwentungo
yennqaba. 52 Wada u-Abimeleki wafika
ennqatyeni, walwa ngakuyo, wasondela
nakude kwasemnyango wennqaba, ukuze



University of Fort Hare
Together in Excellence

ayitshise ngomlilo. 53 Kodwa umfazi
otile waposa ilitye lapezulu lokusila pezu
kwenkloko ka-Abimeleki, waqekeza uka-
kai lwake. 54 Waza wabiza ngobunxamo
indodana yake ebitwala izixòbo zake, wati
kuyo: Rola irele lako, undifise, hlezibe
kutiwe ngami: Umfazi wambulala. Yaza
indodana yake yamhlaba, wada wafa.
55 Ati akubona amadoda akwa-Sirayeli
ukuba u-Abimeleki ufile, aya amanye nga-
manye ezindaweni zawo.

56 Kwa njalo UTIXO wabuyisa ububi
buka-Abimeleki, obo wabebenzile kuyise,
ngokubulala abazalwana bake abangama-
shumi asixenxe: 57 nabo bonke ububi
babantu base-Shekeme UTIXO wabubuyisa
pezu kwenkloko zabo; kwada kweza pezu
kwabo isiqalekiso sika-Yotame, unyana ka-
Yerubebali.

10 KWAZA kwavuka emva kwo-Abime-
leki, ukusindisa o-Sirayeli, u-Tola
unyana ka-Puwa, unyana ka-Dodo, indoda
yakwa-Yisakare; waye yena ehleli e-
Shamire, entabeni yakwa-Frayime. 2 Wa-
gweba o-Sirayeli iminyaka yamashumi
mabini anamitatu; wada wafa, wanewa-
tywa e-Shamire.

3 Kwavuka emva kwake u-Yahire, um-
Gileyadi, owagweba o-Sirayeli iminyaka
yamashumi mabini anamibini. 4 Wabe-
nonyana abamashumi matatu, abakwela
pezu kwamatole amaqwarashe amashumi
matatu, ababenezixeko ezimashumi matatu,
ezibiziweyo ngokuti yi-Havote-yahire
kwada kwanamhla nje, ezisezweni le-
Gileyadi. 5 Wada wafa u-Yahire, wanewa-
tywa e-Kamone.

6 Kekaloku usapo luka-Sirayeli lwabuya
lwenza okukohlakeleyo emehlweni KAYE-
HOVA, lwakonza o-Bali, no-Hashetorete,
notixo base-Siriya, notixo base-Tsidone,
notixo base-Mowabi, notixo bosapo luka-
Hamoni, notixo bama-Filistiya, bamshiya
UYEHOVA, bengamkonzi. 7 Yaza yavuta
ingqumbo KAYEHOVA ngakubo o-Sirayeli,
wabatengisa esandhleni sama-Filistiya, na-
sesandhleni sosapo luka-Hamoni. 8 Ba-
lwapula baluncinezela usapo luka-Sirayeli
ngalomnyaka: iminyaka ilishumi elinesi-
bozo *beluncinezelwa* lwonke usapo luka-Sira-
yeli olupesheya kwe-Yoredane elizweni
laba-Amori, elise-Gileyadi. 9 Kanjako
usapo luka-Hamoni lwawela i-Yoredane
ukuya kulwa kwa ngakubo o-Juda, nanga-
kubo o-Benjamine, nangakuyo indhlu ka-
Frayime; baza o-Sirayeli baxinezeka ka-
kulu.

10 Lwada usapo luka-Sirayeli lwakala
KUYEHOVA, lusiti: Sonile kuwe, nangoko-
kuba simshiyile UTIXO wetu, nokuba siba-
konzile o-Bali. 11 Waza UYEHOVA wati
kulo usapo luka-Sirayeli: Andi*nisindisa-
nga* na kuwo ama-Jipete, nakubo aba-Amo-
ri, nakulo usapo luka-Hamoni, nakuwo
ama-Filistiya? 12 Kanjalo ama-Tsidone,
nama-Amaleki, nama-Mahone, ebenibande-
zela; ndaza ndati, nakukala kumi, ndani-
sindisa esandhleni sawo. 13 Nindishiyile
noko, nabakonza otixo bambi; ngako
andiyi kupinda ukunisindisa. 14 Hambani
nikale kubo otixo enibanyulileyo; maba-
nincede bona ngexesha loxinezeko lwenu.
15 Koko usapo luka-Sirayeli lwati KUYE-
HOVA: Sonile; yenza wena kuti njengako
konke okulungileyo emehlweni ako; ko-
dwa sisindise ke namhla nje. 16 Lwaza
lwakwelelisa otixo basemzini kwa pakati
kwalo, lwamkonza UYEHOVA: wada umpe-
fumlo wake wadana pezu kwosizi lwo-
Sirayeli.

17 Lwandula usapo luka-Hamoni lwabi-
zelwa ndawonye, lwaya lwati waca e-Gile-
yadi. Kanjako usapo luka-Sirayeli lwa-
hlanganiswa, lwaya lwati waca e-Mitsipa.
18 Baza abantu, inkosi zase-Gileyadi, bati
omnye kwomnye: Ngubanina leyondoda
eya kuqala ukulwa ngakulo usapo luka-
Hamoni? yona yoba yinkloko pezu kwabo
bonke abemi base-Gileyadi.

11 KEKALOKU u-Jefeta, um-Gileyadi,
wabeligora eliburoti; kodwa ebengu-
nyana wedikazi. Waye u-Gileyadi wazala
u-Jefeta. 2 Kanjalo umfazi ka-Gileyadi
wamzalela onyana; bada onyana bomfazi
wake bakula, bamgxota u-Jefeta, bati ku-
ye: Akuyi kulidhla ilifa endhlwini kabawo
wetu; ngokuba wena ungunyana womfazi
wumbi. 3 Wandula u-Jefeta wesaba ebu-
sweni babazalwana bake, wahlala ezweni
le-Tobe: kwaza kwabutelwa kuye u-Jefeta
amadoda angendawo, apuma naye.

4 Kwaye kute emva kwemihla etile,
ukuba usapo luka-Hamoni lwalwa no-Sira-
yeli. 5 Kwaza kwati, nxa usapo luka-Ha-
moni belusilwa no-Sirayeli, bandula aba-
dala base-Gileyadi baya ukumzeka u-Jefeta
ezweni le-Tobe: 6 baye besiti ku-Jefeta:
Yiza, ube ngumpati wetu, ukuze silwe



University of Fort Hare

nosapo luka-Hamoni. 7 Kodwa u-Jefeta
wati kubo abadala base-Gileyadi: Anindi-
tiyanga na nina, nandigxota endhlwini ka-
bawo? yinina ke ukuba nize kumi kaloku,
nxa nisebunzimeni? 8 Baza abadala base-
Gileyadi bati ku-Jefeta: Ngako oko kaloku
sibuyele kuwe, ukuze uhambe nati, ulwe
ngakulo usapo luka-Hamoni, ube yinkloko
yetu pezu kwabo bonke abemi base-Gile-
yadi. 9 Wati u-Jefeta kubo abadala base-
Gileyadi: Ukuba niyandibuyisa, ndize
ndilwe ngakulo usapo luka-Hamoni, noku-
pa UYEHOVA uya kubanika ebusweni bami,
ndoba yinkloko yenu na? 10 Bati abada-
la base-Gileyadi kuye u-Jefeta: UYEHOVA
makabe ngumpulapuli pakati kwetu, uku-
ba asenje njalo njengamazwi ako. 11 Wa-
ndula u-Jefeta wahamba nabadala base-
Gileyadi; bati abantu bamenza inkloko
nompati pezu kwabo: waye u-Jefeta wa-
teta onke amazwi ake ebusweni BUKAYE-
HOVA e-Mitsipa.

12 Waza u-Jefeta watuma izigidimi
kukumkani wosapo luka-Hamoni, uku-
ti: Uyinto nina kumi, ukuba uze nga-
kumi ukulwa ezweni lami? 13 Wayesiti
ukumkani wosapo luka-Hamoni kuzo izi-
gidimi zika-Jefeta: Ngokuba u-Sirayeli,
ekunyukeni kwake e-Jipete, etabatile ili-
zwe lami, kwa se-Arenone kude kwase-
Yaboki, nakude kwase-Yoredane: ngako
kaloku libuyisele elo ngoxolo.

14 Walekela kanjako u-Jefeta watuma
izigidimi kukumkani wosapo luka-Hamoni;
15 wati kuye: Utsho u-Jefeta ukuti: u-
Sirayeli akatabatanga ilizwe le-Mowabi,
nelizwe losapo luka-Hamoni; 16 ngokuba,
bakunyuka e-Jipete, nxa u-Sirayeli wa-
hamba enklango kude kwaselwandhle olu-
bomvu, wada wafika e-Kadeshe; 17 wa-
ndula u-Sirayeli watuma izigidimi kuku-
mkani we-Edome, ukuti: Makendicande
elizweni lako; kodwa ukumkani we-Edo-
me ebengenakupulapula: kanjako watuma
nakuye ukumkani we-Mowabi, kodwa ebe-
ngavumi: kwa njalo u-Sirayeli wahlala
e-Kadeshe. 18 Waza wahamba enklango,
wazekelela ilizwe le-Edome, nelizwe le-
Mowabi, wafika ngecala lasempumalanga
lelizwe le-Mowabi, wati waca pesheya
kwo-Arenone; kodwa babengezi pakati
kwomda we-Mowabi, ngokuba i-Arenone
ibingumda we-Mowabi. 19 Waza u-Sira-
yeli watuma izigidimi ku-Sihone ukumka-
ni waba-Amori, ukumkani we-Heshebone;
waye u-Sirayeli esiti kuye: Makesicande
elizweni lako, kude kube sendaweni yami.
20 Kodwa u-Sihone ebengatembi u-Sira-
yeli, ukuba acande emdeni wake; koko
u-Sihone wahlanganisa bonke abantu bake,
baya bati waca e-Yahetsa; waza walwa
no-Sirayeli. 21 Wandula UYEHOVA UTIXO
wo-Sirayeli, wanikela u-Sihone nabo bonke
abantu bake esandhleni so-Sirayeli; baza
bababeta: kwa njalo ke u-Sirayeli waba-
mba lonke ilizwe laba-Amori, abemi belo-
zwe. 22 Babamba yonke imida yaba-
Amori, kwa se-Arenone kwada kwase-
Yaboki, nasenklango kwada kwase-Yore-
dane. 23 Ngako kaloku UYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli, ugqogqile aba-Amori pambi
kwabantu bake o-Sirayeli; kekaloku wena
uya kubamba *ilizwe* labo na? 24 Akuyi
kubamba na *ela*lowo ulinikwayo ngu-Ke-
moshe, utixo wako, ukuba ulibambe? Kwa
njalo lowo usukuba egqogqiwe NGUYEHOVA,
UTIXO wetu, pambi kwetu, siya kubamba
*ilizwe* lake. 25 Nakaloku uka umgqitise
ngokulunga na u-Balaki, unyana ka-Tsi-
pore, ukumkani wama-Mowabi? waka wa-
pika no-Sirayeli na, waka walwa nabo na,
26 nxa o-Sirayeli bahlala e-Heshebone na-
kuwo amagxamesi ayo, nase-Harohere naku-
wo amagxamesi ayo, nakuzo zonke izixeko
ezisemacaleni ase-Arenone, iminyaka ima-
kulu matatu? kunganina ke ukuba ningazi-
hlangulanga pakati kweloxesha? 27 Ngako
mina andikwonanga wena, nguwe ke owe-
nza kumi okukohlakeleyo, ngokunga unga-
lwa nami. UYEHOVA, umgwebi, makagwe-
be namhla pakati kwosapo luka-Sirayeli
nosapo luka-Hamoni.

28 Kodwa ukumkani wosapo luka-Ha-
moni akapulapula amazwi ka-Jefeta abe-
watumile kuye.

29 Wandula umoya KAYEHOVA weza
pezu kwo-Jefeta, waza wacanda e-Gileyadi
nase-Manase; wacanda nase-Mitsipe yase-
Gileyadi, *wesuka* e-Mitsipe yase-Gileyadi,
wadhlulela kulo usapo luka-Hamoni.

30 Waye u-Jefeta wabambisa ngesiba-
mbiso kuye UYEHOVA, wati: Ukuba uya
kugqibela ukunikela usapo luka-Hamoni
esandhleni sami; 31 kuya kwandula ukuti,
oko kusukuba kupuma elucangweni lwen-
dhlu yami ukuza kundikaulela, ndakubuya
ngoxolo kulo usapo luka-Hamoni, kwoba
KOKUKAYEHOVA, ndandiya kukunikela kube
lidini lokutshiswa.

32 Kwa njalo u-Jefeta wadhlulela kulo



University of Fort Hare
Together in Excellence

usapo luka-Hamoni ukulwa nalo; waza
UYEHOVA walunikela esandhleni sake. 33
Walubeta ke kwa se-Harohere kude kwafi-
kwa e-Minite, izixeko ezimashumi mabini,
nakude kwase-Abele-keramime, ngesibulalo
esikulu kunene. Lwaza lwatotyiswa usapo
luka-Hamoni pambi kwosapo luka-Sirayeli.
34 Wada u-Jefeta weza e-Mitsipa en-
dhlwini yake; kekaloku bona ke, intombi
yake yapuma ukuza kumkaulela inenta-
mbula nemidudo; yona ibikupela kwom-
ntwana *wake;* kwaye kungeko kuye *omnye*
evela kuye, unyana nantombi. 35 Kwabe
kute, akuyibona, warazula ingubo zake,
wati: Au, ntombi yami! unditobisile ka-
kulu; ungowapakati kwabo bandikata-
zayo: ngokuba ndivulile umlomo wami
kuye UYEHOVA, ndikohlwa kukubuya. 36
Yaza yati kuye: Bawo! *ukuba* uvulile
umlomo wako kuye UYEHOVA, yenza kumi
njengoko kupumileyo emlonyeni wako; em-
veni kwokuba UYEHOVA ukwenzele impi-
ndezelo ezintshabeni zako, elusatsheni luka-
Hamoni. 37 Yati kanjalo kuyise: Maku-
ndenzelwe lendawo: ndiyeke innyanga
zibe 'mbini, ukuba ndiye ndiblele ezinta-
beni, ndililele ubuntombi bami, mina na-
balinganekazi bami. 38 Wayesiti: Yiya.
Waza wayindulula iye innyanga zibe 'mbi-
ni. Yasuka yaya nabalinganekazi bayo,
yalilela ubuntombi bayo ezintabeni. 39
Kwaye kute ekupeleni kwennyanga ezim-
bini, yandula yabuyela kuyise, owenza
kuyo isibambiso abebambisile ngaso; yai-
ngayazi ke indoda. Kwaza kwaba lisiko
kwa-Sirayeli, 40 *ukuba* intombi zakwa-
Sirayeli zaya iminyaka ngeminyaka uku-
dumisa intombi ka-Jefeta um-Gileyadi,
imihla yamine emnyakeni 'mnye.

12 Kekaloku amadoda akwa-Frayime
ebebizelwa ndawonye, awela aya
ngasenode, ati ku-Jefeta: Yinina ukuba
wadhlula ukuya kulwa ngakulo usapo luka-
Hamoni, ungasibizanga tina siye nawe?
indhlu yako soyitshisa pezu kwako ngom-
lilo. 2 Wayesiti u-Jefeta kuwo: Mina
nabantu bami sibe sinempikiso enkulu no-
sapo luka-Hamoni; ndaza ndabiza nina,
kodwa anandisindisa esandhleni salo. 3
Ndati ndakubona ukuba anandisindisa,
ndabeka umpefumlo wami esandhleni sami,
ndadhlula ndaya kulo usapo luka-Hamoni;
waza UYEHOVA walunika esandhleni sami:
ngako kunganina ukuba ninyukele kumi
namhla nje, ukuza kulwa nami?
4 Wandula u-Jefeta wahlanganisa onke
amadoda ase-Gileyadi, walwa nama-Fra-
yime: aza amadoda ase-Gileyadi abeta ama-
Frayime, ngokuba ebesiti: Nina ningaba-
sindileyo bama-Frayime; ama-Gileyadi
epakati kwe-Frayime ne-Manase nje. 5
Kekaloku ama-Gileyadi apangela ama-Fra-
yime ukubamba amazibuko ase-Yoredane:
kwaza kwati, uxa abasindileyo bama-
Frayime bati: Mandiwele; andula ama-
doda ase-Gileyadi ati kuye: Ungum-Fra-
yime na? Ukuba wati: Hai; 6 andula ati
kuye: Yiti ke i-Shibolete; kodwa wati
i-Sibolete; ngokuba ebengenakulungisa
ukuteta njalo. Aza ambamba ambulala
ngasemazibukweni ase-Yoredane. Kwawa
ke ngeloxesha kuwo ama-Frayime amawa-
ka angamashumi mane anamabini.
7 Waye u-Jefeta wagweba o-Sirayeli
iminyaka yamitandatu. Wada wafa u-
Jefeta um-Gileyadi, wancwatywa ezixe-
kweni zase-Gileyadi.

8 EMVA kwake, u-Bitsane wase-Bete-
leheme wagweba o-Sirayeli. 9 Wayeno-
nyana abamashumi matatu, nentombi ezima-
shumi matatu, owazendisayo ngapandhle,
nentombi ezimashumi matatu wazingenisela
onyana bake zivela ngapandhle. Waye-
gweba o-Sirayeli iminyaka yasixenxe. 10
Wada wafa u-Bitsane, wancwatywa e-Bete-
leheme.
11 Emva kwake, u-Eloni, um-Zebu-
lone, wagweba o-Sirayeli; wayegweba o-
Sirayeli iminyaka yalishumi. 12 Wada
u-Eloni, um-Zebulone, wafa, wancwatywa
e-Ajalone, elizweni lakwa-Zebulone.
13 Emva kwake, u-Habedoni, unyana
ka-Hilele, um-Piratone, wagweba o-Sira-
yeli. 14 Wayenonyana abamashumi mane,
nonyana bonyana abamashumi matatu,
abakwela pezu kwamatole amaqwarashe
angamashumi asixenxe: wayegweba o-
Sirayeli iminyaka yasibozo. 15 Wada
wafa u-Habedoni, unyana ka-Hilele, um-
Piratone, wancwatywa e-Piratone, ezweni
lakwa-Frayime, entabeni yama-Amaleki.

13 LWAPINDA kanjalo usapo luka-Si-
rayeli ukwenza okukohlakeleyo eme-
hlweni KAYEHOVA; waza UYEHOVA waluni-
kela esandhleni sama-Filistiya iminyaka
imashumi mane.
2 Kwabekuko indoda etile yase-Tsoreha,
eyesizalwane sama-Dane, egama belingu-



University of Fort Hare

Manoha; wayo umfazi wayo eludhlolo,
ebengazali. 3 Yaza ingelosi KAYEHOVA
yabonakala kuye umfazi lowo, yati kuye:
Bona ke, wena uludhlolo, akuzali noku-
zala; kodwa uya kumita, uzale unyana.
4 Ngako kaloku zigcine ke, ungaseli neve-
yine notywala, ungadhli nannye into enco-
lileyo: 5 ngokuba, bona ke, uya kumita,
uzale unyana; kanjalo isitshetshe sokugu-
gula asiyi kunyuka pezu kwenkloko yake:
ngokuba umntwana lowo eya kuba ngum-
naziri KATIXO kwa sesizalweni; waye yena
eya kuqala ukusindisa o-Sirayeli esandhle-
ni sama-Filistiya.
6 Waza wangena umfazi lowo, watsho
kuyo indoda yake ukuti: Kweza indoda
KATIXO kumi, ekubonakala bekunjengoku-
bonakala kwengelosi KATIXO, okwoyike-
kayo kunene; kodwa andiyibuzanga ibi-
vela pina, negama layo ayilixelanga kumi.
7 Kodwa yati kumi: Bona ke, uya kumita,
uzale unyana; ngako kaloku ungaseli ive-
yine notywala, ungadhli nannye into enco-
lileyo: ngokuba umntwana lowo eya
kuba ngumnaziri KATIXO kwa sesizalweni
kude kube ngumhla wokufa kwake.
8 Wandula u-Manoha watandaza KUYE-
HOVA, wati: Ke, NKOSI! indoda KATIXO
owabuyituma makeize kanjako kuti, isifu-
ndise ukuba siya kwenza 'nto nina kulo-
mntwana oya kuzalwa. 9 Waza UTIXO
wapulapula ilizwi lika-Manoha; yati
ingelosi KAYEHOVA yeza kanjako kumfazi,
akuhlala entsimini; kodwa u-Manoha, in-
doda yake, ebengenaye. 10 Wandula um-
fazi lowo wanxama, wagidima, wayixelela
indoda yake, wati kuyo: Bona ke, indoda
ibonakele kumi, eyezayo ngomhla lowa
kumi. 11 Waselesuka u-Manoha, wahamba
emva kwomfazi wake, weza kulondoda,
wati kuyo: Wena uyindoda leyo na ebi-
teta nomfazi? Yaza yati: Ndiyiyo. 12
Waza u-Manoha wati: Kaloku makuze
kubako amazwi ako. Loba linina isiko
lalomntwana nomsebenzi wake? 13
Yayisiti ingelosi KAYEHOVA ku-Manoha:
Konke endibe nditeta ngako kuye umfazi
makazibambe kuko. 14 Akayi kutya kuyo
nannye into evela emtini weveyine; maka-
ngaseli iveyine notywala; makangadhli
nannye into encolileyo: konke endibe
ndimyalela ngako makakugcine.
15 Wandula u-Manoha wati kuyo inge-
losi KAYEHOVA: Makesikubambezele ke, side
sikulungisele itakane lebokwe. 16 Kodwa
ingelosi KAYEHOVA yati ku-Manoha: Ukuba
uyandibambezela, andiyi kutya kukudhla
kwako; nokuba uya kwenza idini loku-
tshiswa, wolinikela KUYEHOVA. Ngokuba
u-Manoha ebengazi ukuba iyiyo ingelosi
KAYEHOVA. 17 Waza u-Manoha wati kuyo
ingelosi KAYEHOVA: Ngubanina igama lako,
ukuze sikubeke, lakuza kubako ilizwi
lako. 18 Yati ingelosi KAYEHOVA kuye:
Ubuzela nina igama lami, lingummangaliso
nje? 19 Wandula u-Manoha watabata
itakane lebokwe nomnikelo wokudhla,
wanikela KUYEHOVA pezu kwolwalwa.
Yaza yenza ngokuti nqa, nxa u-Manoha
nomfazi wake babebonela: 20 ngokuba
bekute, xeshekweni ilangatye lenyuka
kuso isibingelo ngasezulwini, yandula
ingelosi KAYEHOVA yenyuka elangatyeni
lesibingelo. Bati u-Manoha nomfazi wake,
bakubona *oko*, bawa ngobuso babo ngasem-
hlabeni. 21 Kodwa ingelosi KAYEHOVA
ayapinda kanjako ukubonakala ku-Manoha
nomfazi wake.
Wandula wazi u-Manoha ukuba ibiyiyo
ingelosi KAYEHOVA. 22 Wayesiti u-Manoha
kumfazi wake: Siya kufa ngennyaniso,
ngokuba simbonile UTIXO. 23 Kodwa
umfazi wake wati kuye: Ukuba UYEHOVA
ebetanda ukusifisa, ngaengalamkelanga eza-
ndhleni zetu idini lokutshiswa nomnikelo
wokudhla; kanjalo ngaengasibonisanga
zonke ezizinto, nangelixesha ngaengasivi-
sanga izinto ezinjengezi.
24 Wada umfazi lowo wazala unyana,
wabiza igama lake ngo-Samsone: wakula
ke umntwana, wati UYEHOVA wamtamsa-
nqela. 25 Waza umoya KAYEHOVA waqala
ukumzamazamisa e-Mahane-dane, pakati
kwe-Tsoreha ne-Shetawoli.

14 KEKALOKU u-Samsone wehla waya
e-Timnate, wabona inkazana e-Timnate
ezintombini zama-Filistiya. 2 Wenyuka
ke, waxelela uyise nonina, wati: Ndibonile
inkazana e-Timnate ezintombini zama-Fili-
stiya; ngako kaloku nditabateleni yona ibe
ngumfazi. 3 Baza uyise nonina bati kuye:
Akuko na inkazana pakati kwentombi
zabazalwana bako, napakati kwabo bonke
abantu bami, ukuba uye kuzeka umfazi
kuwo ama-Filistiya angalukileyo? Wayesiti
u-Samsone kuyise: Nditabatele yona, ngo-
kuba ifanele emehlweni ami. 4 Kodwa
uyise nonina bebengazi ukuba oku bekuvela
KUYEHOVA, ukuba wafuna ituba ngakuwo



University of Fort Hare
Together in Excellence

ama-Filistiya: ngokuba ama-Filistiya ebe-
pata ubukosi pezu kwo-Sirayeli ngeloxesha.
5 Wandula u-Samsone wehla noyise no-
nina ukuya e-Timnate: bati bakufika nga-
sezitiyeni zemiti yeveyine zase-Timnate,
kekaloku bona ke, ingonyama entsha yako-
nya ngakuye. 6 Waza umoya KAYEHOVA
wamqubula, ukuba wayirazula njengokuba
kurazulwa itakane, kungabanga 'nto esa-
ndhleni sake: kodwa ebengaxeleli uyise
nonina oko abekwenzile. 7 Wasuka we-
hla, wateta nenkazana leyo; yabifanele
emehlweni ka-Samsone.
8 Wati emva kwemihla etile wabuya
ukuba ayizeke; waza wapambuka ukuya
kubona isidumbu sengonyama; kekaloku
nali ibubu lennyosi nobusi esidunjwini
sengonyama. 9 Wandula wabupakulela
ezandhleni zake, wahamba emana esidhla,
waya kuyise nonina, wabanika, badhla
nabo; kodwa ebengabaxeleli ukuba ebe-
pakule obobusi esidunjwini sengonyama.
10 Wayesihla uyise waya kwinkazana
leyo: kanjalo u-Samsone wenza kona isi-
dhlo, ngokuba amadodana ebenokwenje
njalo. 11 Kwabekute, bakumbona, bazisa
abalingane abamashumi matatu, ukuze
babe naye. 12 Waza u-Samsone wati ku-
bo: Ndoninikela isintsonkotelo ke: ukuba
niya kundityilela sona ngennyaniso, nisi-
fumane, pakati kwemihla yosixenxe yesisi-
dhlo, sendiya kunika kuni ihempe ezima-
shumi matatu, nezivato zokuguqulelana
ezimashumi matatu: 13 kodwa ukuba ni-
kohliwe kukundityilela, niya kwandula
nina ninike kumi ihempe ezimashumi ma-
tatu, nezivato zokuguqulelana ezimashumi
matatu. Baza bati kuye: Nikela isintso-
nkotelo sako, sisive. 14 Wayesiti kubo:
Koko kudhlayo kwapuma ukudhla, nakoko
kukalipileyo kwapuma ubumnandi. Ba-
kohlwa ukutyila esosintsonkotelo pakati
kwemihla mitatu. 15 Kwaye kute ngom-
hla wesixenxe, bandula bati kumfazi
ka-Samsone: Zinga indoda yako, ukuba
ityile kuti esosintsonkotelo, hleze sitshise
wena nendhlu yoyihlo ngomlilo: nisime-
mile na ukuba nisidhle? akunjalo na?
16 Waza walila umfazi ka-Samsone pambi
kwake, wati: Uyandityiya kodwa, akundi-
tandi; unikele onyana babantu bami isi-
ntsonkotelo, kanti akusityilanga kumi.
Wayesiti kuye: Bona ke, andisityilanga
kubawo nakumá, ngendisityila kuwe na?
17 Walila ke pambi kwake lomihla isixe-
nxe babenesidhlo ngayo: kwada kwati
ngomhla wesixenxe, wamtyilela, ngokuba
wamjokayo: waza wabatyilela onyana ba-
bantu bake isintsonkotelo eso. 18 Andula
amadoda esixeko ngomhla wesixenxe, li-
ngekatshoni ilanga, ati kuye: Kuyinto
nina okumnandi pezu kwobusi? kuyinto
nina okukalipileyo pezu kwengonyama?
Wayesiti kuwo: Ukuba beningapulusha-
nga ngetokazi lami, ngeningasifumananga
isintsonkotelo sami.
19 Waza umoya KAYEHOVA wamqubula,
wasuka wehla waya e-Ashekelone, wabu-
lala kubo *abantu* amadoda angamashumi
matatu, watabata ingubo zawo ezihlutyi-
weyo, wanika izivato zokuguqulelana kwa-
bo babetyilile isintsonkotelo.
Yaza yavuta ingqumbo yake, wenyuka
waya kuyo indhlu yoyise. 20 Kodwa
umfazi ka-Samsone waba ngowomlingane
wake, lowo obengumhlobo kuye.
15 Kwaye kute emva kwemihla etile,
ngemihla yokuvunwa kwenqolowa,
wandula u-Samsone watyelela kumfazi
wake ngetakane lebokwe, wati: Ndiya
kungena kumfazi wami enkambilini. Ko-
dwa uyise ebengamvumeli ukuba angene.
2 Waza uyise wati: Bendisiba ngennya-
niso umtiyile kanye; ngako ndamnika
kumlingane wako: udade wake omncinane
akamdhluli na ngokuba 'mhle? mtabato
ke esikundhleni sake.
3 Wandula u-Samsone wati ngabo:
Andinatyala ngoku ngakuwo ama-Filistiya,
nakuba ndiwenzela ububi. 4 Wasuka u-
Samsone waya wabamba amakulu matatu
empungutye, watabata izikuni, waguqula
umsila ngakuwo umsila, wabeka isikuni
sinye pakati kwemisila mibini. 5 Wati
akupemba umlilo ezikunini, wazindulula
pakati kwenqolowa esemiyo yama-Filisti-
ya, watshisa nezita zenqolowa, nenqolo-
wa esemiyo, nezitiya zeminquma.
6 Andula ama-Filistiya ati: Ngubanina
owenze oku? Kwatwa: Ngu-Samsone,
umyeni wom-Timnate, ngokuba ebetabata
umfazi wake, wamnika kumlingane wake.
Enyuka ke ama-Filistiya, atshisa yena
noyise ngomlilo.
7 Kodwa u-Samsone wati kuwo: Naku-
ba nenze ngokunjalo, ndiya kuzipindezele-
la kuni noko; ndoti ke kamva ndiyeke.
8 Waza wawabeta umlenze netanga, nge-
sibulalo esikulu. Wasuka wehla, wahlala
emwoweni weliwa le-Hetame.



University of Fort Hare

9 Andula ama-Filistiya enyuka, ati wa-
ca kwa-Juda, azitwabulula e-Lehi. 10 Aza
amadoda akwa-Juda ati : Yinina ukuba ni-
nyukile ngakuti ? Ati ke : Sinyukile ukuze
simnxibe u-Samsone, senze kuye njengo-
kuba enze kuti. 11 Asuka ehla amawaka
matatu amadoda akwa-Juda, aya emweweni
weliwa le-Hetame, ati ku-Samsone : Akwa-
zi na, ukuba ama-Filistiya apata ubukosi
pezu kwetu ? yinto nina le uyenzileyo
ngakuti ? Wayesiti kuwo : Njengokuba
ebesenza kumi, ndenje njalo kuwo. 12 Ati
kuye : Sihlile ukuza kukunxiba, sikuni-
kele esandhleni sama-Filistiya. Waza u-
Samsone wati kuwo : Ndifungeleni ukuba
aniyi kundiwela ngokwenu. 13 Atsho
kuye esiti : Hai ; koko siya kuqinisa uku-
kunxiba, sikunikele esandhleni sawo ; ko-
dwa ngennyaniso asiyi kukufisa. Aza
amnxiba ngentambo ezintsha zambini,
amnyusa eweni.

14 Wati akufika e-Lehi, ama-Filistiya
amemeza ngakuye ngovuyo. Wandula u-
moya KAYEHOVA wamqubula, zati intambo
ezisezingalweni zake zaba njengefelase
etshisiweyo ngomlilo, nezinxibo zake za-
cumbuluka ezandhleni zake. 15 Waza wa-
fumana umhlati omtsha weqwarashe, wa-
solula isandhla sake wawutabata, wabulala
ngawo amadoda aliwaka. 16 Wayesiti u-
Samsone : Ngomhlati weqwarashe *ndibulele*
imfumba pezu kwemfumba, ngomhlati
weqwarashe ndibulele amadoda aliwaka.

17 Kwabekute, akuba egqibile ukuteta,
walahla umhlati esandhleni sake, wabiza
londawo nge-Ramate-lehi.*

18 Wada wanxanwa kakulu, wabiza KU-
YEHOVA, wati : Wena unikile olusindiso
olukulu esandhleni sesicaka sako nje, ndiya
kufa kaloku ngenxanwa na, ndiwe esa-
ndhleni saba 'bangalukileyo ? 19 Waye
UTIXO wacandela isigingqi esise-Lehi, aza
apuma kuso amanzi ; wati akuba eselile,
umoya wako wabuya, wada wapila.
Ngako oko wabiza igama lawo ngokuti :
Ngumtombo wowabizayo, ose-Lehi na-
namhla nje.

20 Wayegweba o-Sirayeli emihleni ya-
ma-Filistiya iminyaka yamashumi mabini.

16 WANDULA u-Samsone waya e-Gaza,
wabona apo inkazana eyingnawokazi,
wangena kuyo. 2 *Kwaxelelwa* ama-Gaza,
kusitwa : u-Samsone ufikile apa. Aza
amraula, amlalela bonke ubusuku ngasesa-
ngweni lesixeko ; kodwa ati ewaka bonke
ubusuku, esiti : Ekukanyeni kwokusa siya
kumbulala. 3 Waye u-Samsone walala
kwada kwaba pakati kwobusuku ; waza
wesuka pakati kwobusuku, wabamba ingca-
ngo zesango lesixeko, nemigubasi yomibi-
ni, wazincotula kunye nomvalo, wazibeka
pezu kwamagxalaba ake, wazinyusela
engcotsheni yentaba engapambi kwe-
Hebrone.

4 Kwaye kute kamva, watanda inkazana
entilini ye-Soreki, egama layo belingu-
Delila. 5 Zaza inkosi zama-Filistiya ze-
nyuka zaya kuyo, zati kuyo : Mzinge, ubo-
ne ukuba akwinto nina amandhla ake
amakulu, nokuba kunganto nina esingame-
yisayo, ukuze simnxibe, simbandezele ;
sasiya kukunika sonke ngabanye *amaqosha*
esilivere aliwaka linekulu.

6 Waza u-Delila wati ku-Samsone :
Ndixelele ke, akwinto nina amandhla ako
amakulu ? kanjalo unganxitywa nganto
nina, ukuba ubandezelwe ? 7 Wati u-
Samsone kuye : Ukuba bayandinxiba ngen-
tsontelo ezintsha ezisixenxe, ezingekomi-
le, ndiya kuba 'butataka, ndibe njengom-
nye umntu. 8 Zandula inkosi zama-
Filistiya zenyusela kuye intsontelo ezisi-
xenxe ezintsha, ezingekomile, waza wam-
nxiba ngazo. 9 Kekaloku abalaleli
bamhlalela enkambilini yapakati. Waza
wati kuye : ama-Filistiya apezu kwako,
Samsone ! Wada waqaula intsontelo ezo,
njengokuba kuqaulwa umsonto wefelase,
wakuva umlilo. Kwaye kungaziwa ama-
ndhla ake.

10 Wati u-Delila kanjalo ku-Samsone :
Bona ke, undikohlisile, uzitetile kumi
ilwimi ; kaloku ndixelele ke, unganxitywa
nganto nina ? 11 Waza wati kuye : Ukuba
bayaqinisa ukundinxiba ngentambo ezin-
tsha, ekungenziwanga umsebenzi ngazo,
ndiya kuba 'butataka, ndibe njengomnye
umntu. 12 Wandula u-Delila watabata
intambo ezintsha, wamnxiba ngazo, wati
kuye : ama-Filistiya apezu kwako, Samso-
ne ! Bati abalaleli bahlala enkambilini
yapakati. Waza waziqaula ezingalweni
zake njengomsonto.

13 Wati u-Delila kanjalo ku-Samsone :
Bona ke, kwada kwakaloku undikohlisile,
wateta kumi ilwimi : ndixelele, unganxi-
tywa nganto nina ? Waza wati kuye :

* *Oko kukuti :* Induli yomhlati.



University of Fort Hare

Ukuba nyaluka izihlwita zosixenxe zen-
kloko yami ngemisonto yokuluka. 14 Wa-
za wazibetela ngesikonkwane, wati kuye:
ama-Filistiya apezu kwako, Samsone!
Wandula wavuka ebutongweni bake, wa-
ncotula isikonkwane somti wokuluka ku-
nye nemisonto yawo.

15 Wati kanjalo kuye: Ungati nina
ukuti: Ndiyakutanda; nxa inkliziyo yako
ingenami? undikohlisile lamaxesha ma-
tatu, ungekandixelelanga ukuba amandhla
ako amakulu akwinto nina. 16 Kwaye
kute, nxa abemjoka ngamazwi ake imihla
yonke, emqùba, ukuba umpefumlo wake
wadana kwada kwaza kufa; 17 wandula
wamxelela yonke inkliziyo yake, wati ku-
ye: Bekunganyukanga isitshetshe sokugu-
gula pezu kwenkloko yami; ngokuba
ndingumnaziri KATIXO kwa sesizalweni
sikamá: ukuba ndiyagugulwa, seleya ku-
mka kumi amandhla ami, ndandiya kuba
'butataka, ndibe njengabantu bonke.

18 Wati u-Delila akubona ukuba umxe-
lele yonke inkliziyo yake, wandula watu-
ma wabiza inkosi zama-Filistiya, esiti:
Nyukani kaloku nje, ngokuba endixelele
yonke inkliziyo yake. Zandula zenyukela
kuye inkosi zama-Filistiya, zazisa isilivere
leyo ezandhleni zazo. 19 Waza wamlalisa
ubutongo pezu kwamadolo ake, wabiza
indoda ize igugule izihlwita zosixenxe zen-
kloko yake, waqala ukumbandezela, ada
emka amandhla ake kuye. 20 Waza wati:
ama-Filistiya apezu kwako, Samsone!
Waselevuka ebutongweni bake, wati:
Ndiya kupuma ngoku njengamanye ama-
xesha, ndizivutulule; ngokuba ebengazi
ukuba UYEHOVA emkile kuye. 21 Andula
ama-Filistiya ambamba, ancotula amehlo
ake, amhlisela e-Gaza, amnxiba ngamaka-
mandela obedu; waza wasila entolongweni.

22 Kodwa innwele zenkloko yake zaqa-
la ukukula *kanjako*, emva kwokugugulwa
kwake. 23 Zada inkosi zama-Filistiya za-
hlanganiselwa ukubingela u-Dagone, utixo
wawo, umbingo omkulu, nokugcoba; zaye
zisiti: Utixo wetu umnikele esandhleni
setu u-Samsone, utshaba lwetu. 24 Bati
bakumbona abantu, badumisa utixo wabo;
ngokuba bebesiti: Utixo wetu unikele e-
sandhleni setu utshaba lwetu nomcitaka-
lisi welizwe letu, owandisa ababuleweyo
betu. 25 Kwaye kute, nxa inkliziyo zabo
sezicwayitile, bandula bati: Bizani u-Sam-
sone, asidhlalele. Basuka bambiza u-Sam-
sone avele entolongweni; waza wadhla-
la ebusweni babo; bammisa ke pakati
kwentsika. 26 Wayesiti u-Samsone kum-
fana obembamba ngesandhla: Ndiyeke
ukuba ndipate intsika ekupezu kwazo
indhlu imisiwe, ukuze ndayame ngazo.
27 Kekaloku indhlu ibizele ngamadoda
nabafazi; kanjalo zonke inkosi zama-Fili-
stiya bezikona; napezu kwendhlu bekuko
ngati angamawaka matatu amadoda naba-
fazi, ababebonela ukudhlala kuka-Samsone.
28 Wandula wabiza u-Samsone KUYEHOVA,
wati: NKOSI, YEHOVA! zundikumbule, u-
ndomeleze ke kube kaloku nje kupela,
TIXO! ukuba ndipindezele ngempindezelo
innye amehlo ami omabini kuwo ama-Fili-
stiya. 29 Waza u-Samsone wabamba in-
tsika zapakati zombini, ekupezu kwazo
indhlu ibimisiwe, nekupezu kwazo ibiseko-
lwe, ennye ngesandhla sake sokunene,
nennye ngesandhla sake sokohlo. 30 Wa-
yesiti u-Samsone: Umpefumlo wami maufe
kunye nama-Filistiya! Waza wazigoba
ngamandhla: yati indhlu yawa pezu kwa-
zo inkosi, napezu kwabo bonke abantu
abebekuyo. Kwa njalo abafileyo owabafi-
sayo ekufeni kwake, bebebaninzi pezu
kwabo abebafisile ekudhleni kwake ubomi.

31 Bandula behla abazalwana bake, na-
yo yonke indhlu yoyise, bamsusa, benyuka
naye, bamncwaba pakati kwe-Tsoreha ne-
Shetawoli, encwabeni lika-Manoha uyise.

Wayegweba o-Sirayeli iminyaka yama-
shumi mabini.

17 KWABEKUKO indoda yasentabeni
yakwa-Frayime, egama belingu-Mika.
2 Yayisiti kunina: *Ishekele* zesilivere ezi-
liwaka linekulu, ezibe zitatyatwa kuwe,
obuqalekisa ngazo, nobuteta ngazo nase-
zindhlebeni zami, nantsi ke isilivere leyo
inami; mina ndiyitabatile. Waza unina
wati: Mautanyusenqelwe NGUYEHOVA, nya-
na wami! 3 Yandula yabuyisela kunina
ezo *ishekele* zesilivere ziliwaka linekulu.
Koko wati unina: Bendigqibele ukuyi-
ngcwalisa isilivere leyo KUYEHOVA ivela
esandhleni sami, ibe yeyonyana wami,
ukuba kwenzwe umfanekiso oqingqiweyo
nomfanekiso otyityishiweyo; ngako kalo-
ku ndoyibuyisela kuwe. 4 Kodwa yabu-
yisela isilivere leyo kunina. Waza unina
watabata *ishekele* zesilivere ezimakulu ma-
bini, wazinika kwinncibi, eyenza ngazo
umfanekiso oqingqiweyo nomfanekiso otyi-



University of Fort Hare

tyishiweyo; owabuko endhlwini ka-Mika.
5 Kekaloku indoda leyo u-Mika ibinendhlu
KATIXO, yenza iyefodi neterafi, yazalisa
isandhla somnye konyana bayo, owaba
ngumperisite wayo. 6 Ngalomihla beku-
ngeko ukumkani kwa-Sirayeli; abanye
ngabanye bakwenza okufaneleyo emehlwe-
ni abo.
7 Kwaye kuko indodana yase-Betele-
heme-juda, eyesizalwane sika-Juda, ebi-
ngum-Levi, ebipambukele kona. 8 Yati
indoda le yemka esixekweni eso, e-Be-
teleheme-juda, ukuya kupambukela apo
iya kufumana *indawo* kona: yada yafi-
ka entabeni yakwa-Frayime, endhlwini
ka-Mika, ukwenza ihambo yayo. 9 Waza
u-Mika wati kuyo: Uvela pina? Yayisiti
kuye: Ndingum-Levi wase-Beteleheme-
juda; ndiyahamba ukuya kupambukela
apo ndiya kufumana *indawo* kona. 10 Wa-
ndula u-Mika wati kuyo: Hlala nami, ube
ngubawo nomperisite kumi, ndandiya ku-
kunika ishumi *leshekele* zesilivere ngomnya-
ka ngomnyaka, nezivato ezifanelekileyo,
nokutya kwako. Waza um-Levi waya *naye.*
11 Kwa njalo um-Levi wavuma ukuhlala
nalondoda; yaza indodana leyo yaba nje-
ngomnye wonyana bayo kuyo. 12 Waye
u-Mika wazalisa isandhla som-Levi, yati
indodana le yaba ngumperisite wake, ya-
biko endhlwini ka-Mika. 13 Waza wati
u-Mika: Kaloku ndiyazi ukuba UYEHOVA
uya kundenzela okulungileyo, ngokuba
ndinom-Levi abe ngumperisite wami.

18 Ngalomihla bekungeko ukumkani
kwa-Sirayeli.
Kekaloku ngalomihla isizwe sama-Dane
sazifunela ilifa lokuhlala; ngokuba kwada
kwangumhla lowo belingawanga kuso pa-
kati kwezizwe zo-Sirayeli ilifa *elisaneleyo.*
2 Ngako usapo luka-Dane lwasusa kwi-
sizalwane salo amadoda amahlanu emideni
yalo, amadoda angamaroti, e-Tsoreha nase-
Shetawoli, ukuya kuhlola ilizwe, nokulipe-
ngulula, lwati kuwo: Hambani, nipengu-
lule ilizwe. Ada afika entabeni yakwa-
Frayime, endhlwini ka-Mika, alalisa kona.
3 Ati akuba ngasendhlwini ka-Mika, alazi
ilizwi lendodana engum-Levi; asuka apa-
mbukela kona, ati kuyo: Ngubanina oku-
zisileyo apa? wenza 'nto nina kule*ndawo?*
unanto nina apa? 4 Yayisiti kuwo: Ngo-
kunje nangokunje wandenzela u-Mika, wa-
ndiqasha, ndaza ndaba ngumperisite wake.
5 Andula ati kuyo: Kaubuze KUTIXO, uku-
ze sazi ukuba indhlela yetu esihamba nga-
yo iya kutamsanqeleka na. 6 Wati kuwo
umperisite lowo: Hambani ngoxolo; ipa-
mbi KWOYEHOVA indhlela yenu enihamba
ngayo.
7 Andula ahamba lomadoda mahlanu,
aza kufika e-Layishe, abona abantu abapa-
kati kwayo, ukuba bahlala ngokunqaba,
njengesiko lama-Tsidone, bonwabile, be-
nqabile; kwaye kungeko umpati wama-
ndhla elizweni *oba*danisayo nganto; babe-
kude kuma-Tsidone, bengenamsebenzi *na-
banye* abantu. 8 Ada afika kubazalwana
bawo e-Tsoreha nase-Shetawoli. Baza
abazalwana bawo bati kuwo: Niti nina?
9 Ayesiti: Sukani, sinyukele ngakubo;
ngokuba sibonile elozwe, kekaloku bona
ke, lilungile kunene: nina kanti niti tu
nje! ninganqeni ukuhamba, ningene, ni-
bambe elozwe. 10 Nxa nihambayo, niya
kuza ebantwini abasekunqabeni, naseli-
zweni elibanzi kakulu: ngokuba UTIXO
elinikele esandhleni senu: indawo apo
kungeko kona ukusweleka kwennye into
esemhlabeni.
11 Andula anduluka kona kwisizalwane
sama-Dane, e-Tsoreha nase-Shetawoli,
amadoda angamakulu matandatu abinqi-
weyo ngezixobo zokulwa. 12 Enyuka ke,
ati waca e-Kiriyate-yarime, kwa-Juda:
ngako oko kwabizwa londawo ngokuti yi-
Mahane-dane * kwada kwanamhla nje;
bona ke, ingasemva kwe-Kiriyate-yarime.
13 Aza agqita kona aya entabeni yakwa-
Frayime, ada afika endhlwini ka-Mika.
14 Andula ateta lomadoda mahlanu abe-
hambile ukuhlola ilizwe lase-Layishe, ati
kubo abazalwana bawo: Niyazi na ukuba
kuko ezindhlwini ezi iyefodi, neterafi, nom-
fanekiso oqingqiweyo, nomfanekiso otyi-
tyishiweyo; ngako yazini kaloku, niya
kwenza 'nto nina? 15 Asuka apambukela
kona, eza kuyo indhlu yendodana engum-
Levi, indhlu ka-Mika, ayibuza ukupila
kwayo. 16 Ati lomadoda angamakulu ma-
tandatu abinqiweyo ngezixobo zokulwa,
abengabosapo luka-Dane, ema emnyango
wesango. 17 Kodwa lomadoda mahlanu
abehambile ukuhlola ilizwe enyuka, ange-
na kona, atabata umfanekiso oqingqiweyo,
neyefodi, neterafi, nomfanekiso otyityishi-
weyo: wayo umperisite wema emnyango
wesango kunye nalomadoda angamakulu

* *Oko kukuti:* Umnquba wama-Dane.



University of Fort Hare
Together in Excellence

matandatu abinqiweyo ngezixobo zokulwa.
18 Kwa njalo l*amadoda* angena endhlwini
ka-Mika, atabata umfanekiso oqingqiweyo,
neyefodi, neterafi, nomfanekiso otyityitshi-
weyo. Wandula umperisite wati kuwo:
Nenza 'nto nina? 19 Aza ati kuye: Yiti
tu, beka isandhla sako pezu kwomlomo
wako, uhambe nati, ube ngubawo nompe-
risite kuti: kulungile na ukuba ube ngum-
perisite kwindhlu yendoda innye, umhla-
umbi ukuba ube ngumperisite kwisizwe
nakwisizalwane kwa-Sirayeli kusinina?
20 Yaza yacwayita inkliziyo yalomperi-
site; watabata iyefodi, neterafi, nomfane-
kiso oqingqiweyo, wangena pakati kwaba-
ntu. 21 Andula ajika emka, abeka intsapo,
nenkomo, nendyebo, pambi kwawo.

22 Xeshekweni abekude wona kuyo
indhlu ka-Mika, andula abizelwa ndawo-
nye amadoda abesezindhlwini ezibe ziku-
fupi nendhlu ka-Mika, ati nama ukupu-
tuma usapo luka-Dane. 23 Aza amemeza
kulo usapo luka-Dane; olwajikisa ubuso
balo, lwati ku-Mika: Unanina, ukuba ni-
bizelwe ndawonye? 24 Wayesiti: Nita-
batile otixo bami endibenzileyo, nomperi-
site, nemka ke; yinto nina ke endisenayo?
yinto nina nalento nitshoyo ukuti: Una-
nina? 25 Lwaza usapo luka-Dane lwati
kuye: Ilizwi lako malingaviwa pakati
kwetu, hleze amadoda ampefumlo urara
aniwele, bususwe ubomi bako, nobomi ba-
bendhlu yako. 26 Lwasuka lwahamba
usapo luka-Dane ngendhlela yalo: wati
u-Mika, akubona ukuba lunamandhla ama-
kulu kwawake, wajika wabuyela endhlwi-
ni yake.

27 Lwandula lwatabata oko abekwenzile
u-Mika, nomperisite abenaye, lweza e-La-
yishe, kubo abantu abasekwonwabeni na-
sekunqabeni, lwababeta ngohlangoti lwe-
rele, lwatshisa isixeko ngomlilo. 28 Kwa-
ye kungeko umsindisi, ngokuba besikude
ne-Tsidone, bebengenamsebenzi n*abanye*
abantu kanjako; sasisemhlanjeni ongase-
Bete-rehobi.

Lwaza lwaka isixeko, lwahlala kuso.
29 Lwaye lubiza igama lesixeko ngokuti
yi-Dane, ngegama lika-Dane uyise walo,
obezelwe ku-Sirayeli; kodwa beliyi-Layi-
she igama lesixeko eso ngapambili. 30
Lwandula usapo luka-Dane lwazipakamise-
la umfanekiso lowo oqingqiweyo; no-Jo-
natane, unyana ka-Gereshome, unyana ka-
Manase, yena nonyana bake baba ngabape-
risite kwisizwe sama-Dane kwada kwa-
ngumhla wokutinjwa kwelizwe. 31 Lwazi-
misela umfanekiso oqingqiweyo ka-Mika,
lowo abewenzile, yonke imihla yokubako
kwendhlu KATIXO e-Shilo.

19 KWABEKUTE ngalomihla, nxa beku-
ngeko ukumkani kwa-Sirayeli, kwaye
kuko indoda engum-Levi ihlala njengowa-
semzini emacaleni entaba yakwa-Frayimo,
eyazeka umfazi olishweshwe e-Beteleheme-
juda. 2 Lada ishweshwe layo lahlukana
nayo ngombulo, lemka kuyo laya endhlwi-
ni yoyise walo, e-Beteleheme-juda, apo
laliko kona ixesha elizinnyanga ezinne.

3 Yandula yesuka indoda yalo, yalipu-
tuma, ize itete enkliziyweni yalo, ilibu-
yise, inomfana wayo kunye nayo, nesibini
samaqwarashe: laza layingenisa endhlwini
yoyise walo: wati uyise wenkazana aku-
yibona, wavuya ukuhlangana nayo. 4 Wa-
za usomfazi wayo, uyise wenkazana, wayi-
bambezela; yandula yahlala naye imihla
yamitatu: badhla, basela, balalisa kona.
5 Kwaye kute ngomhla wesine, bakuvuka
kusasa, yaselisuka ukuba ihambe; koko
wati uyise wenkazana kumyeni wake:
Xasa inkliziyo yako ngomtamo wesonka,
niti kamva nihambe. 6 Bahlala pantsi ke,
badhla bobabini ndawonye, basela noku-
sela. Wandula wati uyise wenkazana
endodeni: Kauvume ke, ulalise, iti inkli-
ziyo yako icwayite. 7 Kodwa yesuka
indoda ukuba ihambe: waza usomfazi wa-
yo wayiqùba; ngako yabuya yalalisa kona.
8 Yati yakusuka kusasa ngomhla wesihla-
nu ukuba ihambe, wandula uyise wenka-
zana wati: Zuxase ke inkliziyo yako.
Baza bazilazila kwada kwakukumka
kwemmini, badhla bobabini ndawonye.
9 Yandula yesuka indoda ukuba ihambe,
yona, neshweshwe layo, nomfana wayo;
koko usomfazi wayo, uyise wenkazana,
wati kuyo: Bona ke, immini iza kufa, kuza
kuhlwa nje, kaulalise; bona ke, immini
selisangana, lalisa apa, iti inkliziyo yako
icwayite; nize nivuke kusasa ngomso u-
kuya ngendhlela yenu, uhambele entente-
ni yako. 10 Kodwa indoda ibingavumi
ukulalisa *apo*, koko yesuka yemka, yaya
kwada kwamalungana ne-Yebusi, eyi-Ye-
rusaleme: sasinayo isibini samaqwarashe
enezidwashu; ishweshwe layo nalo beli-
nayo.

11 Xeshekweni bebengase-Yebusi, im-



University of Fort Hare

mini ibisangene kakulu ; waza wati umfa-
na kuyo inkosi yake : Zuhambe ke, sipa-
mbukele kwesisixeko sama-Yebusi, silalise
kuso. 12 Kodwa inkosi yake yati kuye :
Asiyi kupambukela apa, kwisixeko solunye
uhlanga, esingesesosapo luka-Sirayeli ; se-
siya kudhlula siye e-Gibeha. 13 Yalekela
yati kuye umfana wayo : Hamba, sisondele
kwennye yezindawo, silalise e-Gibeha,
umhlaumbi e-Rama. 14 Badhlula ke, ba-
hamba ; lati ilanga labatshonela ngase-
Gibeha, eyakwa-Benjamine. 15 Baza ba-
pambukela kona, ukuba bangene balalise
e-Gibeha : yati yakungena, yahlala pantsi
esitarateni sesixeko ; ngokuba bekungeko
umntu owabamkela endhlwini yake, kula-
liswe.

16 Kekaloku bona ke, yafika indoda
endala ivela emsebenzini wayo entsimini
ngokuhlwa, ebiyindoda yasentabeni ya-
kwa-Frayime nayo, ebihlala njengowa-
semzini e-Gibeha ; kodwa amadoda alomzi
ebengama-Benjamine. 17 Yati yakupaka-
misa amehlo ayo, yabona londoda i-
ngumhambi esitarateni sesixeko ; yaza yati
indoda endala : Uhambela ngapina ? uvela
pina ? 18 Yayisiti kuyo : Siyadhlula tina
sivela e-Beteleheme-juda ukuya emacaleni
entaba yakwa-Frayime, endivela kona ;
kendahambela e-Beteleheme-juda ; kodwa
*ngoku* ndihambela kuyo indhlu KAYEHOVA ;
kanti akuko 'mntu ondamkelayo endhlwini.
19 Noko kuko nennca nokutya emaqwara-
sheni etu ; kuko kanjalo isonka neveyine
nakumi, nakuso isicakakazi sako, nakuye
umfana okunye nezicaka zako : akuko uku-
sweleka kwennye into. 20 Yandula indo-
da endala yati kuyo : Uxolo malube kuwe !
kodwa konke ukuswela kwako makube pe-
zu kwami ; kupela ungalalisi esitarateni.
21 Yaza yayingenisa endhlwini yayo, ya-
nika amaqwarashe ukutya : baza bahlamba
innyawo zabo, badhla basela nokusela.

22 Nxa babeewayitisa inkliziyo zabo,
bona ke, amadoda esosixeko, amadoda alu-
sapo lwobunginingini, araula londhlu, aqo-
ngqota elucangweni, atsho kuyo indoda
endala, inkosi yalondhlu, ukuti : Yipumise
londoda ebingenile endhlwini yako, ukuze
siyazi. 23 Yaza londoda, inkosi yalondhlu,
yapumela kuwo, yati kuwo : Hai, baza-
lwana bami ! keningenzi ngokukohlakele-
yo ; emveni kwokuba lendoda ingenile
endhlwini yami, ningenzi lento ehlazeki-
leyo. 24 Nantsi ke intombi yami, eyinto-
mbi ipela, neshweshwe layo ; mandikupe
ke bona, nize nibatobe, nenze kubo oko
kulungileyo emehlweni enu ; kodwa le-
ndoda ningenzi kuyo into ehlazekileyo ka-
ngaka. 25 Kodwa amadoda lawo ebenga-
vumi ukupulapula kuyo : yasuka indoda
yabamba ishweshwe layo, yalikupela kuwo
pandhle ; aza alazi, alona bonke ubusuku
kwada kwasa, aliyeka ekupumeni kwesifi-
ngo.

26 Wandula weza umfazi lowo kwakuza
kusa, wawa pantsi emnyango wendhlu ya-
londoda, apo inkosi yake ibikona, kwada
kwakanya. 27 Yati inkosi yake yesuka ku-
sasa, yavula ingcango zendhlu, yapuma
ukuya kuhamba ngendhlela yayo : kekalo-
ku nanku umfazi, ishweshwe layo, elele
pantsi emnyango wendhlu, nezandhla zake
zipezu kwombundu. 28 Yayisiti kuye :
Suka, sihambe. Kodwa bekungeko ope-
ndulayo. Yaza yamtabata, *yambeka* pezu
kweqwarashe ; yaselisuka londoda yaha-
mbela endaweni yayo.

29 Yati yakufika endhlwini yayo, yata-
bata isitshetshe, yabamba ishweshwe layo,
yalihlahla kunye namatambo alo libe zizi-
qendu ezilishumi linezibini, yalituma ku-
yo yonke imida yakwa-Sirayeli. 30 Kwa-
ye kute, bonke ababebona, bati : Akunga-
bangako, akungabonwanga kanjako, oku-
njalo, kwa semhleni wokunyuka kwosapo
luka - Sirayeli ezweni le - Jipete, kwada
kwanamhla nje ; kubekeleni *inkliziyo* zenu,
nikani icebo, nitete !

20 Lwandula lwapuma lwonke usapo
luka-Sirayeli, yati inklanganiso ya-
hlanganiswa njengomntu 'mnye, ivela e-
Dane nakude kwase-Beresheba, na*kulo* ili-
zwe le-Gileyadi, pambi KWOYEHOVA e-Mi-
tsipa. 2 Kanjalo inkosi zabantu bonke,
ezezizwe zonke zo-Sirayeli, zazimisa emhla-
mbini wabantu BAKATIXO ; amadoda ahamba
ngennyawo engamawaka amakulu mane
arola irele. 3 (Kekaloku usapo luka-Benja-
mine lweva ukuba usapo luka - Sirayeli
lunyukele e-Mitsipa.)

Lwaza lwati usapo luka-Sirayeli : Sixele-
leni, yati nina ukubako lento ekohlakeleyo ?
4 Yapendula indoda enguma-Levi, indoda
yomfazi obebulewe, yati : Ndafika e-Gibe-
ha, eyakwa-Benjamine, mina neshweshwe
lami, kuze kulaliswe. 5 Bandula abemi
base-Gibeha basukela ngakumi, bandiraula
endhlwini ebusuku ; mina bacinga ukundi-
bulala, neshweshwe lami balitoba, lada



University of Fort Hare

lafa. 6 Ndaza ndabamba ishweshwe lami,
ndalihlahla, ndalituma kulo lonke ilizwe
lelifa lakwa-Sirayeli; ngokuba benzile u-
butshinitshini nokuhlazekileyo kwa-Sira-
yeli. 7 Nanku nina nonke nilusapo luka-
Sirayeli; nikani apa ilizwi necebo!

8 Baza bonke abantu besuka njengom-
ntu 'mnye, besiti: Asiyi kuya noko
amnye ententeni yake, asiyi kupambuka
noko amnye ukuya endhlwini yake kanja-
ko: 9 kodwa kaloku yiyo le into esiya
kuyenza ngakuyo i-Gibeha; *sonyuka* nga-
kuyo ngeqashiso: 10 kanjalo socapula
ishumi lamadoda ekulwini, kuzo zonke
izizwe zo-Sirayeli, nekulu ewakeni, newa-
ka emawakeni alishumi, ukuya kutabatela
abantu ukutya, ukuba bati, bakufika e-Gi-
beha yakwa-Benjamine, benze ngako konke
okuhlazekileyo ababekwenzile kwa-Sira-
yeli.

11 Kwa njalo onke amadoda akwa-Sira-
yeli abutelwa ngakwesosixeko, ebandaka-
nyiwe njengomntu 'mnye. 12 Zaza izizwe
zo-Sirayeli zatuma amadoda kuso sonke
isizwe sika-Benjamine, ukuti: Yinkohla-
kalo ennina le eyenziweyo pakati kwenu?
13 Ngako kaloku kupani lomadoda, usapo
lwobunginingini, ase-Gibeha, ukuze siwa-
fise, sikwelelise inkohlakalo kwa-Sirayeli.
Koko usapo luka-Benjamine belungavumi
ukupulapula ilizwi labazalwana balo usa-
po luka-Sirayeli: 14 kodwa usapo luka-
Benjamine lwabutwa ezixekweni zonke
lwaya e-Gibeha, ukuze lupumele ukulwa
nosapo luka-Sirayeli. 15 Lwaza lwaba-
lwa usapo luka-Benjamine ngomhla lowo
luvela ezixekweni, lungamadoda angama-
waka amashumi mabini anamatandatu aro-
la irele, ngapandhle kwabemi base-Gibeha,
ababebalwa bengamadoda anyuliweyo a-
ngamakulu asixenxe. 16 Pakati kwaba-
bantu bonke bekuko amadoda anyuliweyo
angamakulu asixenxe engamanxele; onke
la*madoda* ebenokusaula ngamatye kude
kwakulo unwele, engaposi ke. 17 Kanjalo
amadoda akwa-Sirayeli, ngapandhle kwa-
ma-Benjamine, abalwa engamadoda anga-
mawaka amakulu mane arola irele; onke
la ebengamadoda emfazwe.

18 Lwaza lwesuka usapo luka-Sirayeli
lwenyuka lwaya endhlwini KATIXO, lwabu-
za KUTIXO, lwati: Ngubanina oya kusinyu-
kela ngokuqala, ukuya kulwa nosapo luka-
Benjamine. Wayesiti UYEHOVA: u-Juda
*wonyuka* ngokuqala.

19 Lwaselusuka usapo luka-Sirayeli ku-
sasa, lwayiraula i-Gibeha. 20 Aza ama-
doda akwa-Sirayeli apumela ukulwa na-
ma-Benjamine; ati kanjalo amadoda akwa-
Sirayeli azicwangcisa ukulwa nawo ngase-
Gibeha. 21 Lwandula usapo luka-Benja-
mine lwapuma e-Gibeha, lwatshabalalisa
ngasemhlabeni kuwo ama-Sirayeli ngalom-
mini, amadoda angamawaka amashumi
mabini anamabini.

22 Kodwa abantu, amadoda akwa-Sira-
yeli, bazomeleza, babuya bazicwangcisa
ukulwa endaweni apo babezicwangcisile
kona ngemmini yokuqala. 23 (Lwaye lu-
nyuka usapo luka-Sirayeli, lwalila pambi
KWOYEHOVA kwada kwahlwa, lwabuza KU-
YEHOVA, lusiti: Ndiya kupinda na ukuso-
ndela ukulwa nosapo luka-Benjamine
umzalwana wami? Wati UYEHOVA: Nyu-
kani ngakuye.) 24 Lwasuka usapo luka-
Sirayeli lwasondela kulo usapo luka-
Benjamine ngemmini yesibini. 25 Aza
ama-Benjamine apuma e-Gibeha ngakulo
ngemmini yesibini, atshabalalisa kanjako
ngasemhlabeni kulo usapo luka-Sirayeli,
amadoda angamawaka alishumi linesibozo;
onke la*madoda* arola irele.

26 Lwandula lwenyuka lwonke usapo
luka-Sirayeli, nabo bonke abantu, lwaya
endhlwini KATIXO, lwalila, lwahlala kona
pambi KWOYEHOVA, lwazila ukutya ngalom-
mini kwada kwahlwa, lwanikela amadini
okutshiswa neminikelo yoxolo pambi KWO-
YEHOVA. 27 Lwaza usapo luka-Sirayeli
lwabuza KUYEHOVA, (ngokuba ibilapo ityeya
yocebano LUKATIXO ngalomihla, 28 no-Fine-
hasi, unyana ka-Elezari, unyana ka-Arone,
wema pambi kwayo ngalomihla,) lusiti:
Ndiya kupinda kanjako ukupuma ukuya
kulwa nosapo luka-Benjamine umzalwana
wami, ndiyeke kusinina? Wayesiti UYE-
HOVA: Nyukani; ngokuba ngomso ndiya
kumnikela esandhleni sako.

29 Aza ama-Sirayeli abeka abalaleli
ngento engqongayo i-Gibeha. 30 Lwa-
ndula usapo luka-Sirayeli lwenyuka ngem-
mini yesitatu ngakulo usapo luka-Benja-
mine, lwazicwangcisa ngakuyo i-Gibeha,
njengakuwo amanye amaxesha. 31 Lwaza
usapo luka-Benjamine lwapumela ngakubo
abantu, lwarolwa ezixekweni; lwasuka
lwaqala ukubeta nokubulala ebantwini,
njengakuwo amanye amaxesha, emindweni,
owati omnye wenyuka waya endhlwini
KATIXO, wati omnye waya e-Gibeha ezin-



University of Fort Hare

dhle, anga angamashumi matatu amadoda
akwa-Sirayeli. 32 Lwaye lusiti usapo
luka-Benjamine: Boyisiwe ebusweni betu
njengapambili. Kodwa usapo luka-Sirayeli
lwati: Masibaleke silurole esixekweni lu-
ye emindweni. 33 Andula onke amadoda
akwa-Sirayeli esuka endaweni yawo, azi-
cwangcisa e-Bali-tamare: kanjalo abalaleli
bama-Sirayeli batyoboza endaweni yabo,
etafeni lase-Gibeha. 34 Kwaye kusiza nga-
kuyo i-Gibeha amawaka alishumi amadoda
anyuliweyo kuwo onke ama-Sirayeli; kwa-
za ukulwa kwaba nzima: kodwa *ama-Benja-
mine* ebengazi ukuba ububi buwafikele.
35 Wandula UYEHOVA woyisa ama-Benja-
mine pambi kwama-Sirayeli; lwaye usapo
luka-Sirayeli lwatshabalalisa pakati kwa-
ma-Benjamine ngalomini amadoda anga-
mawaka amashumi mabini anamahlanu,
anekulu ngapandhle: lawo onke arola
irele.
36 Kwa njalo usapo luka-Benjamine
lwabona ukuba lwoyisiwe: ngokuba ama-
doda akwa-Sirayeli ebenike indawo kuma-
Benjamine, ngokokuba ebetembela kuba-
laleli abebabekile ngakuyo i-Gibeha.
37 Baza banxama abalaleli, bagaleleka
pezu kwo-Gibeha; bati abalaleli kanjalo
bazitwabulula, babeta sonke isixeko ngo-
hlangoti lwerele. 38 Kekaloku bekuko
ixesha elimisiweyo pakati kwamadoda
akwa-Sirayeli nabalaleli, lokuba bakwenze
isiqumo esikulu somsi sinyuke esixekweni.
39 Ati akujika amadoda akwa-Sirayeli
ekulweni, aqala ama-Benjamine ukubeta
nokubulala pakati kwamadoda akwa-Sira-
yeli anga angamadoda amashumi matatu;
ngokuba ebesiti: Ngennyaniso oyisiwe
ebusweni betu njengasekulweni kwapa-
mbili. 40 Saza isiqumo saqala ukunyuka
esixekweni ngentsika yomsi; ati ama-Ben-
jamine abeka ngasemva kwawo, kekaloku
bona ke, isixeko sipela senyuka *ngomsi* nga-
sezulwini. 41 Ati akujika amadoda akwa-
Sirayeli, andula etuswa amadoda akwa-Ben-
jamine; ngokuba ebebona ukuba ububi bu-
wafikele. 42 Ngako ajika pambi kwama-
doda akwa-Sirayeli ngasendhleleni yenkla-
ngo; kodwa ukulwa kwawafumana; ka-
njalo lawo *awapumayo* ezixekweni awa-
tshabalalisa pakati kwawo. 43 Awaraula
ama-Benjamine, awasukela, awanyatela
kamsinyane kwada kwamalungana ne-Gi-
beha ngasekupumeni kwelanga. 44 Kwaza
kwawa kuwo ama-Benjamine amadoda
angamawaka alishumi linesibozo; lawo
onke ebengamadoda oburoti. 45 Ajika
ke, abalekela enklango, eweni le-Rimone:
kodwa abikica kuwo emindweni amadoda
angamawaka mahlanu; aza ati nama uku-
waputuma kude kwase-Gidome, awabulala
kuwo amadoda angamawaka mabini. 46
Kwa njalo onke abewile ngalommini kuwo
ama-Benjamine ebengamadoda angamawa-
ka amashumi mabini anamahlanu arola
irele; lawo onke ebengamadoda oburoti.
47 Kodwa ajika amadoda angamakulu ma-
tandatu, abalekela enklango, eweni le-Ri-
mone, ahlala eweni le-Rimone innyanga
zanne.
48 Aza amadoda akwa-Sirayeli abuyela
pezu kwosapo luka-Benjamine, alubeta
ngohlangoti lwerele, kwa namadoda asesi-
xekweni, nenkomo, nako konke obekufu-
nyanwa *kona*: kanjako zonke izixeko ezibe
zifunyanwa azilahlela emlilweni.

21 Kekaloku amadoda akwa-Sirayeli ebe-
fungile e-Mitsipa, ngokuti: Akuko
'mntu wakuti oya kunika intombi yake ku-
Benjamine ibe ngumfazi. 2 Baza abantu
beza endhlwini KATIXO, bahlala kona
kwada kwahlwa ebusweni BUKATIXO, bapa-
kamisa ilizwi labo, balila ngokulila okuku-
lu, bati: 3 Kunganina, YEHOVA, TIXO wo-
Sirayeli! ukuba oku kuhlile kwa-Sirayeli,
okokuba isizwe sinye singabiko namhla
kwa-Sirayeli? 4 Kwaye kute ngomnye
umhla, bavuka abantu kusasa, baka kona
isibingelo, banikela amadini okutshiswa
neminikelo yoxolo.
5 Lwaza usapo luka-Sirayeli lwati:
Ngubanina onganyukanga pakati kwomhla-
mbi, kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli, ukuza
KUYEHOVA? Ngokuba bekwenziwe isifu-
ngo esikulu ngalowo onganyukeli KUYEHO-
VA e-Mitsipa, kusitwa: Uya kufiswa ngen-
nyaniso. 6 Lwandula usapo luka-Sirayeli
lwanosizi pezu kwo-Benjamine umzalwana
walo, lwati: Kunqunyulwe namhla isizwe
sinye kwa-Sirayeli: 7 siya kubenzela 'nto
nina ukuba abaseleyo babe nabafazi?
ngokuba tina sifungile UYEHOVA, ukuba
singabaniki intombi zetu zibe ngabafazi.
8 Lwaza lwati: Sisipina kuzo izizwe zo-
Sirayeli esinganyukelanga KUYEHOVA e-
Mitsipa?
Kekaloku bona ke, bekungezanga 'mntu
emnqubeni evela e-Yabeshe-gileyadi ukuza
emhlambini. 9 Ngokuba abantu bebeba-
lwa, kekaloku bona ke, bekungeko kona



University of Fort Hare
Together in Excellence

namnye wabemi baso-Yabeshe-gileyadi.
10 Yandula inklanganiso yatumela kona
amadoda angamawaka alishumi linamabini,
kuwo amadoda oburoti, yawayalela ngo-
kuti: Hambani, nibabete abemi base-Ya-
beshe-gileyadi ngohlangoti lwerele, kwa
nabafazi nabantwana. 11 Yiyo le indawo
eniya kuyenza: Konke okubudoda, nabo
bonke abafazi abakwazileyo ukulala
nendoda, nobalahlela ekutshatyalalisweni.
12 Aza afumana pakati kwabemi base-
Yabeshe-gileyadi intombi ezimakulu mane,
ezazizintombi zipela, ezazingayazanga in-
doda ngokulala noyindoda; asuka azizisa
emnqubeni e-Shilo, esezweni le-Kanane.
13 Yandula yatuma yonke inklanganiso,
yateta kulo usapo luka-Benjamine olube
luseweni le-Rimone, yashumayela kulo
uxolo. 14 Aza ama-Benjamine abuya nge-
loxesha; baye bewanika abafazi, ababeba-
londolozile ebomini kuwo amankazana
ase-Yabeshe-gileyadi; kodwa nangoku-
njalo bebengawaneli. 15 Bandula abantu
banosizi pezu kwo-Benjamine, ngokuba
UYEHOVA enzile utanda ezizweni zo-Sira-
yeli.
16 Baza abadala benklanganiso bati:
Siya kwenza 'nto nina ukuba abaseleyo
babe nabafazi? ngokuba amankazana etsha-
tyalalisiwe kwa-Benjamine. 17 Babuya
bati: Ilifa malibe lelabasindileyo bakwa-
Benjamine, ukuze kungacitwa isizwe kwa-
Sirayeli: 18 kodwa tina asingenike kubo
abafazi kwintombi zetu; ngokuba lufu-
ngile usapo luka-Sirayeli, ngokuti: Ma-
kaqalekiswe onikayo umfazi ku-Benja-
mine!
19 Bandula bati: Bona ke, kuko umte-
ndeleko KAYEHOVA e-Shilo, iminyaka nge-
minyaka, *endaweni* engasenode ye-Betele,
ngasecaleni lipuma ilanga lomendo onyu-
kayo e-Betele ukuya e-Shekeme, nangase-
suyide ye-Lebona. 20 Baza bayalela usapo
luka-Benjamine, besiti: Hambani niye
nilalele ezitiyeni zemiti yeveyine: 21 ni-
ze nikangele, niti, bona ke, ukuba intombi
zase-Shilo ziyapuma ukududa ngemidudo,
nandule nipume ezitiyeni zemiti yeveyine,
nizibambele abanye ngabanye umfazi wabo
kwintombi zase-Shilo; nize nihambe niye
ezweni lakwa-Benjamine. 22 Kwakuya
kuti, nxa oyise bazo, umhlaumbi abazalwa-
na bazo, baya kuza ukumangala kuti, siya
kwandula siti kubo: Sipate ngofefe ngabo:
ngokuba singatabatelanga abanye ngaba-
nye umfazi wabo ekulweni: ngokuba ku-
ngenini enibanikileyo, *ukuba* ngelixesha
nibe netyala. 23 Lwati usapo luka-Benja-
mine lwenje njalo, lwatabata abafazi, nge-
nani lalo, kwababeduda, abo lwabapanga-
yo: lwaza lwahamba, lwabuyela elifeni
lalo, lwaka izixeko, lwahlala kuzo. 24
Lwandula usapo luka-Sirayeli lwemka
kona ngeloxesha, lwaya olunye ngolunye
kwisizwe salo nakwisizalwane salo; lwaye
lupuma kona lwaya olunye ngolunye eli-
feni lalo.
25 Ngalomihla bekungeko ukumkani
kwa-Sirayeli: abanye ngabanye bakwenza
okufaneleyo emehlweni abo.

## INNCWADI

# KARUTE.

### ISAHLUKO I.

KWAYE kute emihleni bagwebayo aba-
gwebi, kwabekuko indhlala elizweni.
Yaza yahamba indoda yase-Beteleheme-
juda ukuya kupambukela ezweni le-Mo-
wabi, yona, nomfazi wayo, nonyana bayo
bobabini. 2 Igama lalondoda belingu-
Elimeleki, negama lomfazi wayo ngu-Na-
homi, namagama onyana bayo bobabini
ngu-Mahalone no-Kiliyone, ama-Eferata
ase-Beteleheme-juda. Bada bafika ezweni
le-Mowabi, bahlala kona.
3 Kekaloku wafa u-Elimeleki indoda
ka-Nahomi; washiywa ke nonyana bake
bobabini. 4 Baza bazeka abafazi abanga-
ma-Mowabikazi; igama lomnye ngu-Oripa,
negama lomnye ngu-Rute: bahlala kona
langa lalishumi leminyaka. 5 Bada bafa



University of Fort Hare

u-Mahalone no-Kiliyone nabo bobabini;
waza umfazi lowo washiywa ngonyana
bake bobabini nayindoda yake.
6 Wandula wesuka nomolokazana bake,
ukuba abuye ezweni le-Mowabi: ngokuba
ebevile ezweni le-Mowabi okokuba UTIXO
ukumbule abantu bake ngokubanika uku-
tya. 7 Ngako wapuma endaweni apo
abehleli kona, nomolokazana bake bobabini
kunye naye. Baza bahamba endhleleni
ukuya kubuyela ezweni lakwa-Juda. 8
Wandula wati u-Nahomi kubo omolokazana
bake bobabini: Hambani, nibuye niye
omnye ngomnye endhlwini kanyoko: wa-
nga UYEHOVA anganenzela ububele, nje-
ngokuba nenzele abafileyo nami: 9 wanga
UYEHOVA anganipa okokuba nifumane uku-
pumla, omnye ngomnye endhlwini yendo-
da yake! Waza wabanga; koko bapaka-
misa ilizwi labo, balila, 10 bati kuye:
Ngennyaniso siya kubuya nawe ukuya
ebantwini bako. 11 Waza wati u-Naho-
mi: Buyani, zintombi zami! kunganina
ukuba niya kuhamba nami? baseko na
onyana esizalweni sami, ukuba babe nga-
madoda enu? 12 Buyani, zintombi zami!
nihambe; ngokuba ndimdala kukuba ndibe
nendoda. Nakuba bendiya kuti: Ndine-
temba; nakuba bendinendoda obubusuku,
ndazala onyana kanjako, 13 ngenibalinda
na bade bakule? ngenitintelwa ngabo na
ukuze ningabi namadoda? hai, zintombi
zami! ngokuba kuburara kumi kakulu
ngennxa yenu, ukuba isandhla SIKAYEHOVA
sipumele ngakumi. 14 Baza bapakamisa
ilizwi labo balila kanjako: wati u-Oripa
wamanga unondoda wake; kodwa u-Rute
wati nama kuye.
15 Wandula wati: Bona ke, umkuluwe-
kazi wako ubuyele ebantwini bake, nako-
tixo bake; buya wena uye emva kwomku-
luwekazi wako. 16 Waza wati u-Rute:
Ungandikungi ukuba ndikushiye, ukuba
ndibuye ekukulandeleni; ngokuba apo uya
kona, ndiya kuya mina; nalapo ulalisa
kona, ndiya kulalisa mina; abantu bako
boba ngabantu bami, NOTIXO wako woba
NGUTIXO wami; 17 apo uya kufa kona, *kwa
lapo* ndiya kufa mina, nalapo ndiya ku-
newatywa: UYEHOVA makenjo njalo kumi,
alekele ukwenje njalo, ukuba akukukufa
okuya kundahlukanisa nawe *kupela!* 18
Wati akubona ukuba uzomelezele ukuha-
mba naye, wayeka ukuteta kuye.
19 Baza bahamba bobabini, bada bafika
e-Beteleheme. Kwaye kute, xesbekweni
sebefikile e-Beteleheme, sazanyazanyiswa
isixeko sonke pezu kwabo, bati *abantu:*
Nguye na u-Nahomi lo? 20 Wayesiti kubo:
Ningandibizi ngo-Nahomi,* ndibizeni ngo-
Mara:† ngokuba USOMANDHLA enzile ngo-
burara kumi kakulu: 21 ndemka ndizele,
kodwa UYEHOVA undibuyisile ndizé: ku-
nganina ukuba nindibiza ngo-Nahomi,
UYEHOVA enqinele ngakumi nje, USOMA-
NDHLA endenzele nje ububi?
22 Kwa njalo wabuya u-Nahomi, no-
Rute um-Mowabikazi, umolokazana wake,
kunye naye, owabuya ezweni le-Mowabi:
baza bafika e-Beteleheme ekuqaleni kwo-
kuvunwa kweralasi.

2 KEKALOKU u-Nahomi ebenomlamane
wendoda yake, umntu omkulu ngobu-
tyebi, owesizalwane sika-Elimeleki; ne-
gama lake ngu-Bohazi. 2 Waza u-Rute
um-Mowabikazi wati ku-Nahomi: Make-
ndiye entsimini, ndibikice pakati kwezi-
kwebu emva kwalowo endiya kufumana
ufefe emehlweni ake. Wayesiti kuye: Yiya,
ntombi yami! 3 Waya ke, weza, wabikica
entsimini emva kwabavuni: wati ukuhla
kwake wahla wafika esahlulweni sentsimi
*esise*sika-Bohazi, obengowesizalwane sika-
Elimeleki.
4 Kekaloku bona ke, u-Bohazi wavela
e-Beteleheme, wati kubo abavuni: UYEHO-
VA makabe nani! Bati nakuye: UYEHOVA
makatamsanqele wena! 5 Waza wati u-
Bohazi kwisicaka sake esasimisiwe pezu
kwabavuni: Yekabanina inkazana le? 6
Sapendula isicaka esasimisiwe pezu kwaba-
vuni, sati: Yinkazana engum-Mowabikazi,
eyabuyayo no-Nahomi ezweni le-Mowabi;
7 yaka yati: Makendibikice ndibute pakati
kwezitungu emva kwabavuni; yaselisiza
ke, yamana ukubako kuseloko kwasayo
kwada kwakaloku nje, wahlala endhlwini
umzuzwana *kwapela.*
8 Wandula wati u-Bohazi kuye u-Rute:
Akuvanga na, ntombi yami? Ungayi uku-
bikica kwennye intsimi, kanjako ungesuki
ku*lendawo*, uti unamatele apa ndawonye
nezicakazana zami: 9 amehlo ako makabe
sentsimini evunwa zizo, uzilandele: andiba-
yalelanga abafana na ukuba mabangaku-
cukumisi? nxa unxaniweyo, yiya emipa-

* *Oko kukuti:* Umnandi.
† *Oko kukuti:* Urara.



University of Fort Hare
Together in Excellence

ndeni, usele koko bakele kona abafana.
10 Waza wawa ngobuso, waziqubuda nga-
semhlabeni, wati kuye: Kunganina ukuba
ndifumene ufefe emehlweni ako, ukuze
ube nokundazi, ndingowasemzini nje?
11 Wapendula u-Bohazi wati kuye: Ku-
kolisile ukushunyayelwa kumi konke u-
kwenzileyo kunondoda wako emveni kwo-
kufa kwendoda yako; nokokuba wabushiya
uyihlo nonyoko, nelizwe lokuzalwa kwako,
waya ebantwini wafudula ungabazanga:
12 wanga UYEHOVA angakuvuza ukwenza
kwako! maunikwe umvuzo ozalisekileyo
NGUYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, lowo uze
kutemba ngapantsi kwamapiko ake. 13
Waza wati: Mandifumane ufefe emehlwe-
ni ako, nkosi yami! ngennxa yokuba undi-
tutuzele, nangennxa yokuba utetile kwin-
kliziyo yesicakakazi sako, nangona ndi-
ngenjengaso esinye sezicakakazi zako.
14 Wati kanjalo u-Bohazi kuye: Ngexe-
sha lokudhla, sondela apa, udhle kwisonka,
uncinde umtanyana wako kuyo iyasine.

Waza wahlala pantsi ngasecaleni laba-
vuni; wamnikela amaqashu; wadhla, wa-
hluta, wasalisa nokusalisa. 15 Wati aku-
suka ukuya kubikica, wandula u-Bohazi
wabayalela abafana bake, esiti: Makabi-
kice kwa pakati kwezitungu, ningamdani-
si: 16 nakanjako nike nimwisele intwana
yokubanjwayo zizandhla, niyishiye, ayicole
ke, nize ningamkalimeli. 17 Kwa njalo
wabikica entsimini kwada kwahlwa, wayi-
bula into abeyicolile, yanga yayiyefa ye-
ralasi. 18 Wandula wayitabata, wangena
esixekweni; waye unondoda wake wayi-
bona into ebicoliwe nguye: waza wakupa,
wanika kuye oko abekusalisile emva kwo-
kuhluta kwake.

19 Wayesiti unondoda wake kuye:
Wabikica pina namhla? ubusebenza pina?
makatanyusanqelwe lowo obenokukwazi!
Waza wamshumayeza unondoda wake lowo
ubesebenza naye, wati: Igama lendoda
bendisebenza nayo namhla ngu-Bohazi.
20 Wandula u-Nahomi wati kumolokazana
wake: Makatanyusanqelwe yena NGUYE-
HOVA, ongayekanga ububele bake kubo
abapilileyo nakubo abafileyo! Walekela
u-Nahomi wati kuye: Lendoda iyalamana
nati, ingowabakululi betu. 21 Waza wati
u-Rute um-Mowabikazi: Kanjako, wati
kumi: Uya kuti nama kwizicaka zami,
zide zigqibe sonke isivuno sami. 22 Waza
wati u-Nahomi kuye u-Rute umolokazana
wake: Kulungile, ntombi yami! ukuba
upume nezicakazana zake, baze baugahla-
ngani nawe kwenye intsimi. 23 Kwa
njalo wanamatela kuzo izicakazana zika-
Bohazi, ukuba abikice, kwada kwagqitywa
ukuvunwa kweralasi nokuvunwa kwen-
nqolowa; wahlala ke nonondoda wake.

3 WANDULA u-Nahomi unondoda wake
wati kuye: Ntombi yami! andiyi ku-
funela wena ukupumla na, ukuba kulunge
kuwe? 2 Kekaloku u-Bohazi, ozicakazana
zake ubunazo, akanguye umlamane wetu
na? Bona ke, uya kwela iralasi esibayeni
sokubula obubusuku. 3 Uti ngoko uzihla-
mbe, uzitambise, ufake izivato zako kuywe,
uhlele esibayeni eso; *kodwa* ungazazisi
kuyo indoda leyo, ingekagqibanga ukutya
nokusela. 4 Kwakuya kuti, nxa ilala pa-
ntsi, uze ugqale indawo apo iya kulala
kona; uze ungene, uzihlube innyawo zayo,
ulale pantsi; yaiya kukutyela into uya
kuyenza. 5 Wayesiti kuye: Konke oku-
tetileyo ndiya kukwenza.

6 Wasuka wehla waya esibayeni soku-
bula, wenza ngako konke abeyalelwe ngu-
nondoda wake. 7 Kekaloku u-Bohazi
watya wasela nokusela, wati yakucwayita
inkliziyo yake, waya kulala pantsi esipe-
lweni somlu: waza wangena kakuhle, wa-
zihluba innyawo zake, walala pantsi. 8
Kwaye kute ebusuku obukulu, yetuka
indoda leyo, yazijikisa: kekaloku nauku
umfazi elele pantsi ezinnyaweni zayo.
9 Yasuka yati: Ungubanina wena? Wa-
yesiti: Ndingu-Rute isicakakazi sako; uze
wandhlale isondo *lengubo* yako pezu kwesi-
cakakazi sako, ngokuba wena unguye
umkululi. 10 Yaza yati kuye: Manta-
nyusanqelwe NGUYEHOVA, ntombi yami!
ububele bako bokupela ubulungisile pezu
kwobokuqala, ekubeni ungawalandelanga
amadodana, nokuba angamahlwempu no-
kuba azityebi. 11 Ngako kaloku, ntombi
yami! ungoyiki; konke okutshoyo ndiya
kukwenzela kona: ngokuba sonke isixeko
sabantu bami sisazi ukuba ungumfazi ote-
mbekileyo wena. 12 Nakaloku, kuyinnya-
niso ukuba ndingumkululi: kodwa noko
kuko umkululi okufupi pezu kwami. 13
Lalisa *apa* obubusuku, kwakuya kuti ku-
sasa, ukuba yena wokwenzela ngesiko lom-
kululi, kulungile; makenze ngesiko lom-
kululi: kodwa ukuba akatandi ukukwe-
nzela ngesiko lomkululi, sendiya kukwe-



University of Fort Hare

nzela ngesiko lomkululi mina, *njengokuba*
ehleli UYEHOVA: lala pantsi kude kuse.
14 Waza walala pantsi ezinnyaweni zayo
kwada kwasa; wabuya wesuka, omnye
engekabi nakumazi omnye. Yaza yati:
Makungaziwa ukuba kuke kweza umfazi
esibayeni sokubula. 15 Yati kanjalo: Ete
ingubo yapezulu epezu kwako, uyibambe.
Wayibamba ke: yaza yazilinganisa *izili-
nganiso* ezitandatu zeralasi, yazibeka pezu
kwako; yasuka yaya esixekweni.
16 Kekaloku akufika kunondoda wako,
wati yena: Ungubanina, ntombi yami?
Waza wamxelela konke ibimenzele kona
londoda. 17 Wati kanjalo: Ezi *izilinga-
niso* zitandatu zeralasi yazinika kumi; ngo-
kuba ibisiti kumi: Ungayi ungenanto kuno-
ndoda wako. 18 Waza wati: Hlala, ntombi
yami! ude wazi ukuba yoti nina uku-
pela lendawo: ngokuba ingasayi kupumla
indoda leyo, ingekagqibanga lendawo
namhla.

4 WAZA u-Bohazi wenyuka waya esa-
ngweni, wahlala pantsi apo: kekaloku
bona ke, wadhlula umkululi lowo u-Bohazi
ubetetile ngaye; waza wati kuye: Wa
Nantsi! pambuka, uhlale pantsi apa. Wa-
pambuka, wahlala pantsi ke. 2 Wandula
watabata amadoda alishumi kwabadala
besixeko, wati: Hlalani pantsi apa. A-
hlala pantsi ke. 3 Waza wati kumkululi
lowo: Isahlulo somhlaba esibe sesika-Eli-
meleki umzalwana wetu, utengisile ngaso
u-Nahomi, owabuyayo ezweni le-Mowabi:
4 ndandisiti mina: Ndiya kutyila ezindhle-
beni zako, ukuti: Sitenge pambi kwabemi
*besixeko*, napambi kwabadala babantu bami:
ukuba uya kusikulula, sikulule; kodwa
ukuba akuyi kusikulula, ndixelele ke, u-
kuba ndikwazi: ngokuba kungeko 'mntu
oya kusikulula ngapandhle kwako; nami
ndisemva kwako. Wayesiti: Ndiya kusi-
kulula. 5 Waza wati u-Bohazi: Ngomhla
wokutenga kwako umhlaba lowo esandhle-
ni sika-Nahomi, wowutenga nakuye u-
Rute um-Mowabikazi, umfazi wofileyo,
ukuvusa igama lofileyo pezu kwelifa lake.
6 Wandula wati umkululi lowo: Andinge-
zikululele mina, hleze ndilonakalise ilifa
lami: zikululele wena inkululo yami;
ngokuba ndikohlwa ukukulula mina.
7 Kekaloku eli libe li*lisiko* kudala, kwa-
Sirayeli, ngako ukukulula nokwanana, ku-
ze kuqiniswe zonke izinto, *lokuba* warola
umntu isihlangu sake, wasinika kumme-
lwane wako: bekusisinqinelo kwa-Sirayeli
oku.
8 Wati ngoko lomkululi ku-Bohazi:
Zuzitengele; wandula wasirola isihlangu
sake.
9 Waza u-Bohazi wati kubo abadala
nabo bonke abantu: Ningamanqina nina
namhla, okuba nditengile konke okube
kukokuka-Elimeleki, nako konke okube
kukokuka-Kiliyone nokuka-Mahalone, esa-
ndhleni sika-Nahomi. 10 Nakanjako u-
Rute um-Mowabikazi, umfazi ka-Mahalone,
ndimtengile abe ngumfazi wami, ukuvusa
igama lofileyo pezu kwelifa lake, ukuze
igama lofileyo linganqanyulwa kubo aba-
zalwana bake, nasesangweni lomzi wake:
ningamanqina nina namhla. 11 Baza bati
bonke abantu abebesesangweni, nabadala:
Singamanqina. UYEHOVA makenze lomfa-
zi, ongenileyo endhlwini yako, njengo-Ra-
kele nanjengo-Leya, abati bobabini bayaka
indhlu ka-Sirayeli: mauti wena wenze u-
butyebi e-Eferata, uzuze igama e-Betelehe-
me: 12 nendhlu yako maibe njengendhlu
ka-Faretse, owazalelwa u-Juda ngu-Tama-
re, ngenzalo UYEHOVA aya kuyinika kuwo
ngomtshakazi lowo.
13 Kwa njalo u-Bohazi wamzeka u-
Rute, owaba ngumfazi wake; wati akunge-
na kuye, UYEHOVA wamnika ukukaula, wa-
da wazala unyana. 14 Baza abafazi bati
ku-Nahomi: Makabongwe UYEHOVA, onga-
kuyekanga ungabi namkululi namhla,
ukuba igama lake lidunyiswe kwa-Siraye-
li: 15 waeya kuba ngumbuyisi wobomi
kuwe, nomfunzeli wobudala bako: ngoku-
ba umolokazana wako, okutandayo, emzele,
lowo olungile kuwe ngapezu kwonyana
abasixenxe. 16 Waza u-Nahomi watabata
umntwana lowo, wambeka esifubeni sa-
ke, waba ngumondhlikazi wake. 17 Bati
abamelwanekazi bake bamtiya igama, be-
siti: Kuzelwe unyana ku-Nahomi; baye
bembiza ngegama elingu-Obedi: yena
nguyise ka-Jese, uyise ka-Davide.
18 Kekaloku ezi zizizukulwana zika-
Faretse: u-Faretse wazala u-Hetserone,
19 no-Hetserone wazala u-Rame, no-Rame
wazala u-Haminadabi, 20 no-Haminadabi
wazala u-Nahashone, no-Nahashone wazala
u-Salimone, 21 no-Salimone wazala u-Bo-
hazi, no-Bohazi wazala u-Obedi, 22 no-
Obedi wazala u-Jese, no-Jese wazala u-
Davide.



University of Fort Hare
Together in Excellence

# EYOKUQALA INNCWADI

# KASAMYALI.

ISAHLUKO I.

KWABEKUKO indoda etile yase-Rama-
tayime-tsofime, yasentabeni yakwa-
Frayime, egama belingu-Lekana, unyana
ka-Yerohame, unyana ka-Elihu, unyana
ka-Tohu, unyana ka-Tsufi, um-Eferata:
2 yabinabafazi ababini; igama lomnye be-
lingu-Hana, negama lowesibini belingu-
Penina; waye u-Penina wayenabantwana,
kodwa u-Hana wayengenabantwana.
3 Kekaloku lendoda yenyuka esixekwe-
ni sayo, iminyaka ngeminyaka, ukuya ku-
bedesha nokubingela UYEHOVA wemikosi
e-Shilo: babekona onyana bobabini baka-
Heli, u-Hofeni no-Finehasi, abaperisite
BAKAYEHOVA. 4 Kwaye kute ngomhla u-
Lekana wabinga ngawo, wanika ku-Pe-
nina umfazi wake, nakubo bonke onyana
bake nentombi zake, izabelo: 5 kanti wa-
nika ku-Hana isabelo esipindiweyo; ngo-
kuba ebemtanda u-Hana: kodwa UYEHOVA
ebevalile isizalo sake. 6 Kanjako umala-
nekazi wake wamcapukisa kakulu, ukuze
amqumbise, ngokuba UYEHOVA evalile isi-
zalo sake. 7 Wenje njalo ke *u-Lekana*
iminyaka ngeminyaka; wati *u-Hana* nxa
sukuba ebenyuka ukuya endhlwini KAYE-
HOVA, kwa njalo *u-Penina* wamcapukisa;
ngako walila, engadhli 'nto. 8 Wada wati
u-Lekana, indoda yake, kuye: Hana! yi-
nina ukuba ulile? yinina ukuba ungadhli?
yinina ukuba inkliziyo yako inosizi? andi-
lungile na kuwe ngapezu kwonyana aba-
lishumi?
9 Wandula u-Hana wesuka, emveni
kwokudhliwa e-Shilo, nasemveni kwoku-
selwa: (kekaloku u-Heli, umperisite, wa-
hlala pezu kwesihlalo ngasemgubasini we-
tempile KAYEHOVA:) 10 waye u-Hana eno-
burara bompefumlo, watandaza KUYEHOVA,
walila kakulu; 11 wabambisa ngesibambi-
so, wati: YEHOVA wemikosi! ukuba woka
ukangele imbandezelwa yesicakakazi sako,
undikumbule, ungalibali isicakakazi sako,
uze usinike isicakakazi sako umntwana
wobudoda, sendiya kumnika KUYEHOVA
ngayo yonke imihla yobomi bake; kanjalo
isitshetshe sokugugula asiyi kunyuka pezu
kwenkloko yake.
12 Kwaye kute, xeshekweni abezingisa
ukutandaza ebusweni BUKAYEHOVA, wati u-
Heli wagqala umlomo wake. 13 Ngokuba
u-Hana ebeteta enkliziyweni yake; umlo-
mo wake ubushukuma kupela, ilizwi lake
belingaviwa; ngako u-Heli waba ungum-
nxilikazi. 14 Waza u-Heli wati kuye:
Kwoda kube ninina uya kwenza njengom-
nxilikazi? kwelelisa iveyine yako kuwe.
15 Kodwa wapendula u-Hana, wati: Hai,
nkosi yami! ndingumfazi ompefumlo u-
nzima; andiselanga neveyine notywala:
kodwa nditulule umpefumlo wami pambi
KWOYEHOVA. 16 Ungabali isicakakazi sako
ukuba yintombi yobunginingini; ngokuba
kungobuninzi besikalazo sami nokatazo
lwami enditetileyo kwada kwakaloku. 17
Wandula wapendula u-Heli, wati: Hamba
ngoxolo: wanga UTIXO wo-Sirayeli anga-
kunika isicelo sako, osicelileyo kuye.
18 Wayesiti: Isicakakazi sako masifumane
ufefe emehlweni ako! Waza wahamba
umfazi lowo ngendhlela yake, wadhla ke;
kanjalo ubuso bake bebungasenjalo kuye.
19 Baza bavuka kwa kusasa, babedesha
ebusweni BUKAYEHOVA, babuya, beza en-
dhlwini yabo e-Rama. Waye u-Lekana
wamazi u-Hana umfazi wake; wati UYE-
HOVA wamkumbula. 20 Kwabekute eku-
peleni kwemihla etile, wandula u-Hana
wakaula, wazala unyana, wabiza igama
lake ngo-Samyali:* ngokuba, *wabesitsho,*
ndimcelile KUYEHOVA.
21 Yaza yenyuka indoda leyo, u-Lekana,
nayo yonke indhlu yayo, ukuya kubingela
UYEHOVA umbingo womnyaka ngomnyaka,
nesibambiso sake. 22 Kodwa u-Hana ebe-
ngenyuki; ngokuba ebesiti kuye indoda
yake: *Ndohlala* ade umntwana alunyulwe,

* *Oko kukuti:* Océliweyo KUTIXO.



University of Fort Hare

ndandiya kwandula ndimzise, aze abona-
kalo ebusweni BUKAYEHOVA, ahlale kona
kude kube ngunapakade. 23 Waza u-Le-
kana, indoda yake, wati kuye: Yenza oku-
lungileyo emehlweni ako; hlala ude umlu-
mle; kodwa UYEHOVA makaliqinise ilizwi
lake. Kwa njalo wahlala umfazi lowo,
wanyisa unyana wake, wada wamlumla.
24 Wati akuba emlumlile, wamnyusa
kunye nayo, enenkatyana zintatu, neyefa
innye yomgubo, nentsuba yeveyine, wam-
zisa endhlwini KAYEHOVA e-Shilo: waye
umntwana ebesemtsha. 25 Baza baxèla
inkatyana, bamzisa umntwana ku-Heli.
26 Wayesiti: Ke, nkosi yami! bomi bom-
pefumlo wako, nkosi yami! ndingula-
mfazi owemayo ngakuwe apa, etandaza
KUYEHOVA. 27 Ndatandazela umntwana lo,
wati UYEHOVA wandinika isicelo sami ebe-
ndisicela kuye. 28 Ngako nami ndimbo-
lekile UYEHOVA; ngayo yonke imihla uya
kubako ngayo wobolekwa UYEHOVA. Waza
*umntwana* wambedesha kona UYEHOVA.

2 Wandula u-Hana watandaza, wati:
Inkliziyo yami iyagcoba NGOYEHOVA;
upondo lwami lupakanyisiwe NGOYEHOVA:
umlomo wami uvulekile kakulu pezu
kwentshaba zami; ngokuba ndivuya ngako
ukusindisa kwako.
2 Akuko oyingcwele NJENGOYEHOVA;
ngokuba kungeko namnye ngapandhle
kwako; akuko olilityekazi NJENGOTIXO
wetu. 3 Ningandisi ukuteta okuliratshi
kakulu; makungapumi okulukuni emlo-
nyeni wenu: ngokuba UYEHOVA ENGUTIXO
wokwazi; ziti izenzo zilinganiswe ngu-
ye.
4 Isipeta samagora siqekekile; nabo
bakùbekayo babinqiwe ngamandhla. 5 A-
babehluti baziqashisele isonka, nabo bala-
mbayo bapelile; kwada kwazala udhlolo
abasixenxe, nobenabantwana abaninzi wa-
buna.
6 UYEHOVA uyafisa, uyenza kudhliwe
ubomi kanjalo; uyahlisela esihogweni,
uyanyusa kanjako. 7 UYEHOVA uyahlwe-
mpuzisa, uyatyebisa kanjalo; uyatobisa,
uyapakamisa kanjako. 8 Uyasukisa oli-
hlwempu elutulini, uyapakamisa osweleyo
enkunkumeni, abahlalise nenkosi, enze
babe zindhlalifa zesihlalo sobungcwalisa;
ngokuba intsika zomhlaba zizeziKAYEHOVA,
ubekile umhlaba pezu kwazo. 9 Uya ku-
gcina innyawo zabangcwele bake, kanti
abakohlakeleyo baya kuti cwaka ebumnya-
meni; ngokuba umntu engayi kweyisa
ngamandhla.
10 Abapikayo NOYEHOVA baya kuqeke-
zwa; kwa sezulwini uya kududumisa pezu
kwabo; UYEHOVA uya kugweba izipelo zom-
hlaba, anike ukumkani wake amandhla,
apakamise upondo lwomtanjiswa wake.
11 Wasuka u-Lekana waya e-Rama, en-
dhlwini yake: kodwa umntwana ebekonza
UYEHOVA ebusweni buka-Heli umperisite.

12 KEKALOKU onyana baka-Heli be-
belusapo lwobunginingini; babengamazi
UYEHOVA. 13 Kanjalo isiko labaperisite
ngakubo abantu, kwati kwakubinga umntu
umbingo, sandula isicaka somperisite, nxa
innyama ibisapekwa, seza neforoke inama-
zinyo amatatu esandhleni saso, 14 sahlaba
*ngaso* elukambeni, umhlaumbi eketileni,
umhlaumbi engxaweni, umhlaumbi embi-
zeni; konke ibikunyusa iforoke, watabata
umperisite oko kube kokwake. Benje
njalo ke e-Shilo kubo bonke o-Sirayeli
abezayo kona. 15 Kanjako kungekatshiswa
inqata, seza isicaka somperisite, sati ku-
lamntu owabingayo: Nika innyama, yoje-
lwe umperisite; ngokuba engayi kwamke-
la kuwe innyama epekiweyo, kodwa erwa-
da. 16 Ukuba lowamntu wati kuso:
Mabagqibele ukutshisa inqata kaloku
nje, wandule uzitabatele njengokukanuka
kwompefumlo wako; sandula sati kuye:
Hai, uya kunika ngoku; nokuba akuyi
*kwenje njalo*, ndoyisusa ngamandhla. 17
Kwa njalo isono salomadodana besikulu
kakulu ebusweni BUKAYEHOVA; ngokuba
abantu bebedela umnikelo wokudhla KAYE-
HOVA.
18 Waye u-Samyali wakonza pambi KWO-
YEHOVA, esengumntwana, ebinqiwe nge-
yefodi yeqiya. 19 Waye nonina wamenze-
la ingubo encinane, wayizisa kuye imi-
nyaka ngeminyaka, akunyuka nendoda
yake ukuza kubinga umbingo womnyaka
ngomnyaka. 20 Waza u-Heli watamsa-
nqelisa u-Lekana nomfazi wake, wati:
UYEHOVA makakunike inzalo ngalomfazi
esikundhleni salombolekwa ebolekwayo
UYEHOVA. Basuka baya emzini wake.
21 Wandula UYEHOVA wakumbula u-Hana,
ukuba wakaula, wada wazala onyana aba-
tatu nentombi ezimbini. Wati umntwana,
u-Samyali, wakula ngapambi KWOYEHOVA.
22 Kekaloku u-Heli ebemdala kakulu;
waza weva konke onyana bake ababekwe-



University of Fort Hare
Together in Excellence

nza kubo bonke o-Sirayeli; nokokuba
balala namankazana abekonza emnyango
wentente yenklangano. 23 Wayesiti ku-
bo: Yinina ukuba nenze izinto ezinjalo?
ngokuba ndisiva imikwa yenu ekohlakele-
yo ngabo bonke ababantu. 24 Hai, bo-
nyana bami! ngokuba zingezizo indaba
ezilungileyo endizivayo; niyenza ukuba
abantu BAKAYEHOVA bagqite. 25 Ukuba
omnye umntu uyona ngakuye omnye, aba-
gwebi baya kumgweba; kodwa ukuba um-
ntu uyona ngakuye UYEHOVA, ngubanina
oya kumtandazela? Abapulapula ilizwi
loyise wabo noko; ngokuba UYEHOVA ebe-
tanda ukubafisa.

26 Waye umntwana, u-Samyali, wamana
ekula, wabukwa nanguye UYEHOVA, nanga-
bo abantu.

27 Kwaza kwafika indoda KATIXO ku-
Heli, yati kuye: Utsho UYEHOVA ukuti:
Kanene ndibe ndibonakala ekuhleni kuyo
indhlu yoyihlo na, nxa babeko e-Jipete,
endhlwini ka-Faro? 28 ndabendimnyula
na kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli abe
ngumperisite wami, aze anikele pezu kwe-
sibingelo sami, aqumise isiqumiso, ambate
iyefodi ebusweni bami? kanjalo bendinika
na indhlu yoyihlo yonke iminikelo eyenzi-
wa ngomlilo yosapo luka-Sirayeli? 29 ku-
nganina ukuba nikabe ngakuwo umbingo
wami nangakuwo umnikelo wokudhla wa-
mi, endiwuyaleleyo enklalweni *yami;* no-
kuba ubeke onyana bako pezu kwami, nize
nizityebise ngezinqabileyo izinto zayo yo-
nke iminikelo yokudhla yabantu bami o-
Sirayeli? 30 Ngako oko uti UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli: Bendisitsho ngennya-
niso, ukuba indhlu yako, nendhlu yoyihlo,
iya kuhamba ebusweni bami kude kube
ngunapakade; kodwa ngoku UYEHOVA uti:
Makube lé kumi *oko!* ngokuba abo bandi-
bekayo ndiya kubabeka, nabo bandicekisa-
yo baya kudelwa. 31 Bona ke, imihla iye-
za, ukuba ndiya kunqumla ingalo yako,
nengalo yayo indhlu yoyihlo, ukuze kunga-
biko indoda endala kuyo indhlu yako.
32 Wauya kubona imbandezeko yenklalo
*ka-Tixo,* endaweni yako konke okulungile-
yo abeya kukwenza ko-Sirayeli; kwaye
kungayi kubako indoda endala kuyo indhlu
yako napakade. 33 Kodwa indoda, endi-
ngayi kukunqamlela yona esibingelweni
sami, yoba yeyokugqibela amehlo ako, ne-
yokuxalisa umpefumlo wako; kanjalo ko-
nke ukwanda kwendhlu yako, baya kufa
besengamadoda. 34 Oku kwoba ngumqo-
ndiso kuwe, okuya kuza pezu kwonyana
bako ababini, u-Hofeni no-Finehasi:
emhleni 'mnye baya kufa bobabini. 35
Ndandiya kuzivusela umperisite onyanise-
kileyo, oya kwenza njengoko kusenklizi-
yweni yami nasempefumlweni wami: yena
ndiya kumakela indhlu eqinileyo; waeya
kuhamba pambi kwomtanjiswa wami imi-
hla yonke. 36 Kwakuya kuti, osukuba
esele kuyo indhlu yako, uya kuza aziqu-
bude pambi kwake ngennxa yeqosha lesi-
livere nesimba lesonka, ati: Kaundibeko
komnye wemisebenzi yabaperisite, ukuba
ndidhle umtamo wesonka.

3 KEKALOKU umfana, u-Samyali, wam-
konza UYEHOVA ebusweni buka-Heli.
Laye ilizwi LIKAYEHOVA linqabile ngezo-
ntsuku; bekungeko umboniso wasekuhleni.
2 Kwaye kute ngeloxesha, nxa u-Heli
ebelele pantsi endaweni yake, akuqala
amehlo ake ukuba luzizi, ukuba wakohlwa
kukubona, 3 kungekacinywa isibane SIKA-
TIXO, nanxa u-Samyali abelele pantsi ete-
mpileni KAYEHOVA, apo ityeya KATIXO ibi-
kona, 4 wandula UYEHOVA wambiza u-
Samyali; owabesiti: Nanku ndi*lapa.* 5
Waza wagidimela ku-Heli, wati: Nanku
ndi*lapa;* ngokuba undibizile. Kodwa
wati: Andibizanga; buya ulale pantsi.
Waya walala pantsi ke. 6 Walekela UYE-
HOVA wabiza u-Samyali kanjako. Wesuka
u-Samyali waya ku-Heli, wati: Nanku
ndi*lapa;* ngokuba undibizile. Waza wati:
Andibizanga, nyana wami! buya ulale
pantsi. 7 Kekaloku u-Samyali ebengeka-
mazi UYEHOVA; kanjako ilizwi LIKAYEHOVA
belingekatyilwa kuye. 8 Wabuya UYEHO-
VA wabiza u-Samyali ngokwesitatu. We-
suka waya ku-Heli, wati: Nanku ndi-
*lapa;* ngokuba undibizile. Waza u-Heli
waqonda ukuba UYEHOVA umbizile umfana.
9 Ngako u-Heli wati ku-Samyali: Yiya
ulale pantsi; kwakuya kuti, nxa akubiza-
yo, uya kwandul' ukuti: Teta, YEHOVA!
ngokuba isicaka sako sisiva. Waya u-
Samyali walala pantsi endaweni yako.
10 Wandula weza UYEHOVA, wema, wabiza
njengakuwo amanye amaxesha, esiti:
Samyali, Samyali! Waza wati u-Samyali:
Teta; ngokuba isicaka sako sisiva.

11 Wayesiti UYEHOVA ku-Samyali: Bona
ke, ndiya kuyenza into kwa-Sirayeli, abaya
kuti bonke abayivayo, indhlebo zabo zo-



University of Fort Hare

mbini ziya kukenceza. 12 Ngomhla lowo
ndiya kuvusa ngakuye u-Heli konke
endikutetileyo ngayo indhlu yake; ndoti
ndakuqala, ndigqibe. 13 Sendixele kuye,
ukuba ndiya kugweba indhlu yake kude
kube ngunapakade, ngennxa yenkohlakalo
abeyazi; ngokuba onyana bake bazenza
abaqalekisiweyo, kanti ebengabandwebisi
*noko*. 14 Ngako oko ke ndifungile ngayo
indhlu ka-Heli, ukuba inkohlakalo yendhlu
ka-Heli ayisayi kuxoliselwa ngombingo
nangomnikelo wokudhla kude kube ngunapakade.

15 Kekaloku u-Samyali walala kwada
kwasa, waza wavula ingcango zendhlu
KAYEHOVA. Kodwa u-Samyali ebesoyika
ukuxela umboniso ku-Heli. 16 Wandula
u-Heli wambiza u-Samyali, wati: Samyali,
nyana wami! Wayesiti: Nanku ndi*lapa*.
17 Waza wati: Ilizwi linina, alitetileyo
kuwo? zungandifihleli ke; UTIXO makenje
njalo kuwe, alekele ukwenje njalo, ukuba
uyandifihlela ilizwi kuwo onke amazwi
abewateta kuwe. 18 Waza u-Samyali
wamxelela onke amazwi lawo, akamfihlela
'nto. Wayesiti: NGUYEHOVA; makenze
okulungileyo emehlweni ake.

19 Wakula ke u-Samyali; waye UYEHOVA
ebenaye; akawisa nalinye kuwo onke amazwi
ake ngasemhlabeni. 20 Baza bonke
o-Sirayeli, kwa se-Dane kude kwase-Bere-
sheba, bakwazi ukuba u-Samyali uqinise-
lwe ukuba ngumprofite KAYEHOVA. 21 Wa-
lekela UYEHOVA wabonakala e-Shilo: ngo-
kuba UYEHOVA ebezityila ku-Samyali e-
Shilo ngelizwi LIKAYEHOVA.

4 Laye ilizwi lika-Samyali leza kubo bonke
o-Sirayeli.

KEKALOKU o-Sirayeli bapumela nga-
kuwo ama-Filistiya kuliwe, baya bati waca
nguse-Ebenezere; kanjalo ama-Filistiya
ati waca e-Afeki. 2 Asuka ama-Filistiya
azicwangcisa ngakubo o-Sirayeli: kwati
kwakuba ukulwa bekutwabulukile, o-Sira-
yeli bebebetwa pambi kwama-Filistiya:
aza abulala ebandhleni ezindhle ngati
angamawaka mane amadoda.

3 Bandula bakufika abantu emnqubeni,
bati abadala bakwa-Sirayeli: Kunganina
ukuba UYEHOVA usibetile namhla pambi
kwama-Filistiya? Masizizekele e-Shilo
ityeya yocebano LUKAYEHOVA, ize pakati
kwetu, isisindise esandhleni sentshaba
zetu. 4 Baza abantu batumela e-Shilo,
basusa kona ityeya yocebano LUKAYEHOVA
wemikosi, ohleli pakati kwekerubime: ba-
ye bekona onyana bobabini baka-Heli, u-
Hofeni no-Finehasi, ndawonye netyeya
yocebano LUKATIXO. 5 Kwaye kute, ya-
kufika ityeya yocebano LUKAYEHOVA emnqu-
beni, bonke o-Sirayeli bamemeza ngesime-
mezo esikulu, wada umhlaba wazanyaza-
nyiswa. 6 Xeshekweni ama-Filistiya evayo
inklokoma yesimemezo eso, ati: Iti nina
inklokoma yesisimemezo esikulu emnqu-
beni wama-Hebere? Ada aqonda ukuba
ityeya KAYEHOVA ifikile emnqubeni. 7 Aza
ama-Filistiya oyika, ngokuba ebesiti: U-
TIXO ufikile emnqubeni. Ayesiti: Au
tina! ngokuba kungezanga kubeko oku-
njalo ngexesha lapambili: 8 au tina! ngu-
banina oya kusihlangula esandhleni sotixo
aba abanamandhla? ngabo aba otixo ababeta
ama-Jipete ngazo zonke izibeto enklango.
9 Yomelelani, nenze njengamadoda, ma-
Filistiya! ukuze ningakonzi kuma-Hebe-
re, njengokuba ekonzile kuni: ngako ye-
nzani njengamadoda, nilwe ke.

10 Asuka ama-Filistiya alwa; baza o-
Sirayeli babetwa, besaba baya abanye
ngabanye ezintenteni zabo: kwabako isi-
bulalo esikulu kunene; bada bawa kubo
o-Sirayeli amawaka angamashumi matatu
abahamba ngennyawo. 11 Kanjako ityeya
KATIXO yasuswa; nonyana bobabini baka-
Heli, u-Hofeni no-Finehasi, babuba.

12 Yandula yabaleka indoda yakwa-
Benjamine ebandhleni, yeza e-Shilo nga-
lommini, inengubo zayo zirazukile, nom-
hlaba pezu kwenkloko yayo. 13 Kekalo-
ku, yakufika, bona ke, u-Heli wahlala pezu
kwesihlalo ngasecaleni lendhlela, elinda
nje; ngokuba inkliziyo yake ibingcangca-
zela ngennxa yetyeya KATIXO. Yati yaku-
fika indoda leyo, ukuza kuxela esixekweni,
sand' ukukala sonke isixeko. 14 Xeshe-
kweni u-Heli wevayo inklokoma yoku-
kala, wati: Iti nina inklokoma yalempiti-
mpiti? Yaza indoda yangena ngokunxama,
yamxelela u-Heli. 15 Kekaloku u-Heli
wabeminyaka emashumi alitoba anesibozo
ubudala bake; kanjalo amehlo ake ebete
nqi, ukuba wakohlwa kukubona. 16 Ya-
yisiti indoda ku-Heli: Ndinguyo ovele
ebandhleni, ndisabile ebandhleni namhla.
Waza wati: Yinto nina ehlileyo, nyana
wami? 17 Wapendula obeshumayela, wa-
ti: o-Sirayeli besabile pambi kwama-Fili-
stiya; kanjako bekuko nesibulalo esikulu



University of Fort Hare

pakati kwabantu; nonyana bako bobabini,
u-Hofeni no-Finehasi, babubile nabo; ne-
tyeya KATIXO yona isusiwe. 18 Kwabeku-
te, nxa abekankanya ityeya KATIXO, wa-
ndula wawa esihlalweni ngomva, ngaseca-
leni lesango, yati intamo yake yapuka,
wada wafa; ngokuba ebelixego, wayenzima
kanjalo. Wayegweba o-Sirayeli iminyaka
yamashumi mane.
19 Kekaloku umolokazana wake, umfazi
ka-Finehasi, wabemiti, waza kuzala; wati
akuva indaba zokuba ityeya KATIXO isusiwe,
nokuba ufile usondoda wake, nendoda yake,
wandula watoba, wazala, ngokuba innimba
zake bezijikajika pakati kwake. 20 Kute
ngexesha lokufa kwake, bateta abafazi abe-
bemi ngakuye, *besiti:* Ungoyiki, ngokuba
uzele unyana. Kodwa ebengapenduli, ebe-
ngabekeli inkliziyo yake kanjako. 21
Wambiza umntwana ngo-Yikabode,* esiti:
Ubungcwalisa bufudusiwe kwa-Sirayeli;
ngennxa yokususwa kwetyeya KATIXO, na-
ngennxa yosondoda wake nendoda yake.
22 Wayesiti: Ubungcwalisa bufudusiwe
kwa-Sirayeli; ngokuba ityeya KATIXO isu-
siwe.

5 AZA ama-Filistiya atabata ityeya KA-
TIXO, esuka nayo e-Ebenezere eza e-
Ashedode. 2 Ati ama-Filistiya akususa
ityeya KATIXO, ayizisa endhlwini ka-Dago-
ne, ayimisa ngakuye u-Dagone. 3 Kute
xeshekweni ama-Ashedode avuka kusasa
ngomnye umhla, nanku u-Dagone ewile
ebusweni bake ngasemhlabeni, pambi kwe-
tyeya KAYEHOVA. Aza amtabata u-Dagone,
ambuyisela endaweni yake. 4 Ati aku-
vuka kusasa ngomso womhla olandelayo,
nanku u-Dagone ewile ebusweni bake
ngasemhlabeni, pambi kwetyeya KAYEHO-
VA, nenkloko ka-Dagone, nentende zeza-
ndhla zake zombini zinqumkile, zisemnya-
ngo; kupela *sisikondo* sika-Dagone esamshi-
yelwa. 5 Ngako oko abaperisite baka-
Dagone, nabo bonke abangenayo endhlwini
ka-Dagone, abanyatelanga pezu kwomnya-
ngo ka-Dagone e-Ashedode kwada kwa-
namhla nje.
6 Koko isandhla SIKAYEHOVA besinzima
pezu kwama-Ashedode, wawatshabalalisa,
wawabeta ngamatumba, i-Ashedode nemi-
da yayo. 7 Xeshekweni amadoda ase-
Ashedode abona ukuba kunje ke, ati: Itye-
ya KATIXO wo-Sirayeli maingahlali nati,
ngokuba isandhla sake silukuni pezu kwe-
tu, napezu kwo-Dagone utixo wetu. 8
Ngako atuma ahlanganisela kuwo zonke
inkosi zama-Filistiya, ati: Siya kwenza
'nto nina ngetyeya KATIXO wo-Sirayeli?
Zaye zisiti: Ityeya KATIXO wo-Sirayeli
maijikele e-Gate. Asuka ayijikisela *kona*
ityeya KATIXO wo-Sirayeli. 9 Kwaye kute,
emveni kwokuba ayijikisele *kona*, isandhla
SIKAYEHOVA besingakuso isixeko eso ngesi-
pitipiti esikulu kunene; ngokuba wabeta
abantu besosixeko, kwa nabancinane naba-
kulu, aza ajaduka kubo amatumba.
10 Kwaza kwatunywa ityeya KATIXO
ukuya e-Hekrone. Kwabekute, yakufika
ityeya KATIXO e-Hekrone, akala ama-He-
krone, esiti: Kujikiselwe kumi ityeya KA-
TIXO wo-Sirayeli, ize ibulale mina nabantu
bami. 11 Andula atuma ahlanganisa zo-
nke inkosi zama-Filistiya, ati: Yindulule-
ni ityeya KATIXO wo-Sirayeli, ibuyele enda-
weni yayo, ukuze ingabulali mina nabantu
bami: ngokuba bekuko isipitipiti esibula-
layo esixekweni sonke; isandhla SIKATIXO
besinzima kakulu kona. 12 Bati abantu
abebengafi, babetwa ngamatumba: sada
isikalo sesixeko eso senyuka ngasezulwini.

6 Yabiko ityeya KAYEHOVA ezweni lama-
Filistiya innyanga zasixenxe. 2 Andu-
la ama-Filistiya abiza abaperisite bawo na-
balauli bawo, esiti: Siya kwenza 'nto nina
ngetyeya KAYEHOVA? nisazise kunganto
nina esiya kuyindulula iye endaweni
yayo? 3 Baye besiti: Ukuba niyayindu-
lula ityeya KATIXO wo-Sirayeli, ningandu-
luli yona izé; seniya kuqinisa ukubuyi-
sela kuye idini letyala; oko niya kupi-
liswa, naniya kwaziswa ukuba kunganina
isandhla sake singashenxi kuni. 4 Aza
ati: Lilipina idini letyala esiya kulibuyi-
sela kuye? Baye besiti: Ngamatumba
amahlanu egolide, nempuku ezinklanu ze-
golide, ngenani lenkosi zama-Filistiya:
ngokuba sisibeto sinye esasipezu kwenu
nonke, napezu kwenkosi zenu. 5 Ngako
yenzani imifanekiso yamatumba enu, ne-
mifanekiso yempuku zenu ezilonakalisayo
ilizwe, ninike ubungcwalisa KUTIXO wo-
Sirayeli: kungaba uya kwenza isandhla
sake sibe lula pezu kwenu, napezu kwotixo
wenu, napezu kwelizwe lenu. 6 Yinina
ke ukuba nizenza nzima inkliziyo zenu,
njengokuba ama-Jipete no-Faro bazenza
nzima inkliziyo zabo? Kanene okuya

* *Oko kukuti:* Ongenabungcwalisa.



University of Fort Hare

abenzile ngokungummangaliso pakati kwa-
bo, babengabandululi na, bada bemka?
7 Ngako kaloku, yenzani innqwelo entsha
ibe 'nnye, nitabate imazana zibe 'mbini
ezanyisayo, ekunganyukanga pezu kwazo
iyokwe, nibope imazana ennqwelweni, ni-
buyise amatole azo emva kwazo ziye eka-
ya: 8 nandule nitabate ityeya KAYEHOVA,
niyibeke ennqwelweni; nempahla zegoli-
de, enizibuyisela kuye zibe lidini letyala,
nizifake ekesteni ngasecaleni layo; nize
niyindulule, imke: 9 naniya kubona ke;
ukuba iyanyuka ngendhlela yomda wayo
ukuya e-Bete-shemeshe, nguye osenzele
elilishwa elikulu; kodwa ukuba aku*njalo*,
sesiya kwazi ukuba asi sisandhla sake esi-
sibetileyo; sisihlo esibe sihlelwa siso.
10 Kekaloku amadoda lawo enje njalo:
atabata imazana zambini ezanyisayo, azi-
bopa ennqwelweni, namatole azo awavale-
la ekaya; 11 aza abeka ityeya KAYEHOVA
ennqwelweni, nekeste, nempuku zegolide,
nemifanekiso yamatumba awo. 12 Zasuka
imazana zaya ngokuti ngqo endhleleni,
ngasendhleleni *esinga* e-Bete-shemeshe,
zahamba ngomendo umnye zimana zilila,
zingapambukeli ngasekunene nangaseko-
hlo; zati inkosi zama-Filistiya zahamba
emva kwazo kude kwakuwo umda wase-
Bete-shemeshe. 13 Kekaloku *abantu* base-
Bete-shemeshe bebevuna ukuvunwa kwen-
nqolowa emhlanjeni; baza bapakamisa
amehlo abo, babona ityeya, bavuya bakuyi-
bona. 14 Yada innqwelo yeza entsimini
ka-Yoshuwa, um-Bete-shemeshe, yema ko-
na, apo beliko ilitye elikulu; baza bacanda
imiti yennqwelo, nemazana bazinikela
zibe lidini lokutshiswa KUYEHOVA. 15
Ngokuba aba-Levi batula ityeya KAYE-
HOVA, nekeste ebinayo, leyo impahla zego-
lide bezikuyo, bazibeka pezu kwelolitye
likulu: andula amadoda ase-Bete-shemeshe
anikela amadini okutshiswa abinga nemi-
bingo ngalommini KUYEHOVA. 16 Zati za-
kuba inkosi ezinklanu zama-Filistiya zibo-
nile *oku*, zabuyela e-Hekrone ngalommini.
17 Ngawo la amatumba egolide, ama-
Filistiya abewabuyisa abe lidini letyala
KUYEHOVA: ele-Ashedode linye, ele-Gaza
linye, ele-Ashekelone linye, ele-Gate li-
nye, ele-Hekrone linye; 18 nempuku zo-
golide ngenani lazo zonke izixeko zama-
Filistiya, ezenkosi ezinklanu, kwa nezixe-
ko ezinqatyisiweyo nemizana yapandhle,
nakude kwakulo ilitye elikulu, elo bahla-
lisa ityeya KAYEHOVA pezu kwalo, elikoyo
nanamhla nje entsimini ka-Yoshuwa um-
Bete-shemeshe.
19 Waza wabeta amadoda ase-Bete-she-
meshe, ngokokuba ebekangele etyeyeni
KAYEHOVA; wabeta ke pakati kwabantu
amadoda angamashumi asixenxe, *n*amadoda
angamawaka angamashumi mahlanu. Ba-
suka abantu balila, ngokuba UYEHOVA ebe-
tile pakati kwabantu ngesibulalo esikulu.
20 Andula ati amadoda ase-Bete-sheme-
she: Ngubanina onamandhla ukuma ebu-
sweni BUKAYEHOVA, LOTIXO oyingcwele?
kanjako uya kunyukela kubanina *ukunyuka*
kuti. 21 Aza atuma izigidimi kubo abemi
base-Kiriyate-yarime, ukuti: ama-Filistiya
abuyisile ityeya KAYEHOVA; yihlani, niyi-
nyusele kuni.

7 Asuka eza amadoda ase-Kiriyate-yari-
me, enyuka nayo ityeya KAYEHOVA, ayi-
ngenisa endhlwini ka-Abinadabi e-Gibeha;
no-Elezari, unyana wake, amngcwalisa
ukuba agcine ityeya KAYEHOVA.

2 KWAYE kute, nxa ityeya yabisahlala
e-Kiriyate-yarime, yakuba imihla isel' imi-
ninzi; ngokuba ibiyiminyaka ingamashu-
mi mabini; yandula yonke indhlu ka-
Sirayeli yalila emva KWOYEHOVA. 3 Waza
u-Samyali wateta kuyo yonke indhlu ka-
Sirayeli, esiti: Ukuba niyabuyela KUYE-
HOVA ngayo yonke inkliziyo yenu, kwele-
lisani otixo basemzini pakati kwenu, no-
Hashetorete, nibekise inkliziyo yenu KU-
YEHOVA, nimkonze yena yedwa; waeya
kunihlangula esandhleni sama-Filistiya.
4 Lwandula usapo luka-Sirayeli lwakwe-
lelisa o-Bali no-Hasbetorete, lwamkonza
UYEHOVA yedwa.
5 Wati u-Samyali kanjalo: Bahlangani-
seni o-Sirayeli bonke beze e-Mitsipa, nda-
ndiya kunitandazela KUYEHOVA. 6 Baza
bahlanganiselwa e-Mitsipa, baka amanzi,
bawatulula pambi KWOYEHOVA, bazila uku-
tya ngalommini, bati kona: Sonile ngaku-
ye UYEHOVA. Waye u-Samyali wagweba
usapo luka-Sirayeli e-Mitsipa.
7 Ati akuva ama-Filistiya ukuba usapo
luka-Sirayeli luhlanganiselwe e-Mitsipa,
zandula inkosi zama-Filistiya zenyuka
ngakubo o-Sirayeli. Nxa usapo luka-Sira-
yeli luvile *oku*, lwanokwoyika ngeennxa
yama-Filistiya. 8 Lwaza usapo luka-Si-
rayeli lwati ku-Samyali: Ungayeki uku-
sikalela KUYEHOVA, UTIXO wetu, ukuze asi-



University of Fort Hare

sindise esandhleni sama-Filistiya. 9 Wa-
ndula u-Samyali watabata imvana 'nnye
eyanyayo, wayinikela ipela ibe lidini lo-
kutshiswa KUYEHOVA: waye u-Samyali
wakalela o-Sirayeli KUYEHOVA; wati UYE-
HOVA wampulapula. 10 Kwaye kute,
akuba u-Samyali ebenikela elodini loku-
tshiswa, ama-Filistiya asondela ukulwa
no-Sirayeli: kodwa UYEHOVA wadudumisa
ngodudumo olukulu ngalommini pezu
kwama-Filistiya, wawapitizelisa; ada o-
yiswa pambi kwo-Sirayeli. 11 Aza ama-
doda akwa-Sirayeli apuma e-Mitsipa, awa-
putuma ama-Filistiya, awabeta kude
kwasezantsi kwe-Bete-kare. 12 Wandula
u-Samyali watabata ilitye linye, walimisa
pakati kwe-Mitsipa ne-Shene, walibiza
ngegama eliyi-Ebenezere,* esiti: Kude
kwalapa UYEHOVA usincedile.
13 Kwa njalo ama-Filistiya atotyiswa;
akasapinda ukuza emdeni wakwa-Sirayeli:
ngokuba isandhla SIKAYEHOVA besingakuwo
ama-Filistiya yonke imihla ka-Samyali.
14 Kwaza kwabuyiselwa ko-Sirayeli izi-
xeko ezibe zitinjiwe ngama-Filistiya ko-
Sirayeli, kwa kuyo i-Hekrone kude kwa-
kuyo i-Gate; nemida yazo bayihlangula
o-Sirayeli esandhleni sama-Filistiya. Ka-
njako bekuko uxolo pakati kwo-Sirayeli
naba-Amori.
15 Kekaloku u-Samyali wagweba o-
Sirayeli ngayo yonke imihla yokudhla
kwake ubomi. 16 Waya ngomnyaka ngom-
nyaka wazungulezela e-Betele, ne-Gile-
gale, ne-Mitsipa, wabagweba o-Sirayeli
kwezondawo zonke. 17 Waza wabuyela
e-Rama; ngokuba ibikona indhlu yake;
nakona wagweba o-Sirayeli; waka nakona
isibingelo KUYEHOVA kanjalo.

8 KWAYE kute nxa u-Samyali ebemdala,
wabamisa onyana bake babe ngabagwe-
bi pezu kwo-Sirayeli. 2 Laye igama
lonyana wake wamazibulo lingu-Joweli,
negama lowesibini wake lingu-Abiya:
bebengabagwebi e-Beresheba. 3 Kodwa
onyana bake abahamba endhleleni zake,
batyekela emva kwenzuzo ekohlakeleyo,
bawamkela amabaso, batyekisa ugwebo.
4 Bandula bahlanganisana bonke aba-
dala bo-Sirayeli, beza ku-Samyali e-Rama,
5 bati kuye: Bona ke, wena umdala,
nonyana bako abahambi ezindhleleni za-
ko; uz' uti kaloku usimisele ukumkani
ukusigweba, njengenklanga zonke.
6 Kodwa elozwi belilibi emehlweni ka-
Samyali, nxa bebesiti: Sinike ukumkani
ukusigweba. Waza u-Samyali watanda-
za KUYEHOVA. 7 Wayesiti UYEHOVA ku-
Samyali: Pulapula ilizwi labantu ngako
konke abakutetayo kuwe; ngokuba be-
ngalahlanga wena, koko belahlile mina,
ukuze ndingabi ngukumkani pezu kwabo.
8 Njengazo zonke izenzo abazenzileyo,
kwa semhleni ndabendibanyusa ngawo e-
Jipete kwada kwanamhla nje, abandishiya
*ngazo*, bakonza otixo bambi, benje njalo
nangakuwe. 9 Ngako kaloku pulapula
ilizwi labo; kodwa qinisa ukunqinela
ngakubo, ubashumayeze isiko lokumkani
oya kupata ubukumkani pezu kwabo.
10 Waza u-Samyali waxela onke ama-
zwi KAYEHOVA kwabobantu abebecele kuye
ukumkani. 11 Wayesiti: Eli loba lisiko lo-
kumkani oya kupata ubukumkani pezu kwe-
nu: Onyana benu uya kubatabata, abami-
sele ukuba babe *ngabantu* bennqwelo zake,
nabakweli bake bamahashe; nokuba baba-
leke pambi kwennqwelo zake. 12 Woba-
misela ukuba babe zinkosi zamawaka,
nenkosi zamashumi mahlanu; nokuba ba-
lime ukulima kwake, bavune ukuvuna
kwake, benze impahla zake zokulwa,
nempahla zennqwelo zake. 13 Nentombi
zenu wozitabata zibe ngabenzi zezimnandi,
nabapekikazi, nabojikazi. 14 Uya kuta-
bata amasimi enu, nezitiya zenu zemiti
yeveyine, nezitiya zenu zeminquma, ezo
zilungileyo, azinike kuzo izicaka zake.
15 Uya kutabata isishumi sembewu yenu,
nesezitiya zenu zemiti yeveyine, usinike
kubabusi bake, nakwizicaka zake. 16 Uya
kutabata izicaka zenu, nezicakakazi zenu,
namadodana enu amahle, namaqwarashe
enu, azenze zibe semsebenzini wake.
17 Uya kutabata isishumi segusha zenu:
nani ke noba zizicaka zake. 18 Naniya
kukala ngomhla lowo ngenxa yokumkani
wenu, eniya kuba nizinyulele yena; kanti
UYEHOVA akayi kuniva ngomhla lowo.
19 Kodwa abantu bala ukupulapula ili-
zwi lika-Samyali, bati: Hai; ngukumkani
oya kuba pezu kwetu; 20 ukuba nati sibe
njengenklanga zonke; nokuba ukumkani
wetu asigwebe, apume pambi kwetu, alwe
ukulwa kwetu. 21 Weva u-Samyali onke
amazwi abantu, wawateta ezindhlebeni
ZIKAYEHOVA. 22 Wayesiti UYEHOVA ku-

* *Oko kukuti:* Ilitye loncedo.



University of Fort Hare

Samyali: Pulapula ilizwi labo, ubenzele
ukumkani. Waza u-Samyali wati kuwo
amadoda akwa-Sirayeli: Hambani niye
nonke ngabanye ezixekweni zenu.

9 KWABEKUKO indoda yakwa-Benja-
mine, egama lalingu-Kishe, unyana ka-
Abiyeli, unyana ka-Tserore, unyana ka-
Bekorate, unyana ka-Afiya, um-Benjamine,
igora eliburoti. 2 Yabinonyana ke, egama
lalingu-Saule, oyinklahla, omhle: kwaye
kungeko indoda pakati kwosapo luka-Sira-
yeli ebimgqitisile ngobuhle: kwa kuwo
amagxalaba ake nangapezulu wadhlula
bonke abantu ngobude.
3 Kekaloku amaqwarashekazi ka-Kishe,
uyise ka-Saule, ebelahlekile. Waza u-
Kishe wati ku-Saule unyana wake: Kau-
tabate nawe esinye sezicaka, usuke, uye
kufuna amaqwarashekazi. 4 Wasuka wa-
canda entabeni yakwa-Frayime, wacanda
naselizweni le-Shalisha, kodwa abawafu-
mana: baza bacanda elizweni le-Shahali-
me, kodwa ebengeko *kona;* wacanda nase-
zweni lakwa-Benjamine, kodwa abawafu-
mana. 5 Bada bafika ezweni lakwa-Tsufi;
wandula u-Saule wati kwisicaka sake esibe
sinaye: Hamba, sibuye; hleze ubawo
awancame amaqwarashekazi, axalele tina.
6 Saza sati kuye: Bona ke, kuko indoda
KATIXO kwesisixeko, eyindoda ebekekileyo;
konke ikutetayo kuza kuhla ngennyaniso:
kaloku masiye kona; kungaba iya kusixe-
lela indhlela yetu, esinge sihamba kuyo.
7 Wandula u-Saule wati kwisicaka sake:
Pofu, bona ke, sisiya nje, yinto nina esiya
kuyizisa kulondoda? ngokuba isonka si-
gqibekile ezityeni zetu; aliko nebaso lo-
kuba silizise kwindoda KATIXO: yinto nina
esinayo? 8 Salekela isicaka ukupendula
u-Saule, sati: Bona ke, kuko esandhleni
sami isiqingata sesine seshekele yesilive-
re; eso ndiya kusinika kuyo indoda KA-
TIXO, ukuze isixelele indhlela yetu. 9
(Ngapambili kwa-Sirayeli, umntu akuha-
mba ukuya kubuza KUTIXO, watsho ukuti:
Hambani, sihambe siye kumboni; ngokuba
lowo *obizwayo* namhla ngokuba ngumpro-
fite, ebebizwa ngapambili ngokuba ngum-
boni.) 10 Waza u-Saule wati kwisicaka
sake: Ilizwi lako lilungile; hamba, siha-
mbe. Bahamba baya esixekweni apo indo-
da KATIXO ibikona.
11 Xeshekweni bebenyuka ngeqina le-
sixeko, bafumana intombi zipuma ukuka
amanzi, bati kuzo: Uko apa na umboni?
12 Zabapendula, zati: Uko; nanku epa-
mbi kwenu: nxama kaloku, ngokuba efi-
kile namhla esixekweni; ngokuba kuko
namhla umbingo wabantu endaweni epaka-
mileyo: 13 nxa ningene esixekweni, seni-
ya kumfumana, engekanyukeli endaweni
epakamileyo ukuya kutya: ngokuba aba-
ntu bengayi kutya ade afike yena; ngoku-
ba nguye otamsanqelayo umbingo; emveni
kwoko bayatya abamenyiweyo: ngako ka-
loku nyukani, ngokuba malunga nelixesha
niya kumfumana. 14 Baza benyukela
esixekweni: bati bakufika pakati kwesixe-
ko, nanku u-Samyali ebapumele, ukuya
kunyukela endaweni epakamileyo.
15 Kekaloku UYEHOVA wabetyilile endhle-
beni ka-Samyali, umhla 'mnye engekafiki
u-Saule, ukuti: 16 Malunga nelixesha la-
ngomso ndiya kutuma kuwe indoda yase-
zweni lakwa-Benjamine, oya kuyitambisa
ibe yinkosi pezu kwabantu bami o-Sirayeli,
ukuze isindise abantu bami esandhleni
sama-Filistiya: ngokuba ndibonile abantu
bami; ngokuba ukukala kwabo kufikile
kumi. 17 Nxa u-Samyali wambonayo u-
Saule, wandula UYEHOVA wapendula, *wati:*
Nantsi indoda endite kuwe ngayo: Le iya
kupata ubukosi pezu kwabantu bami.
18 Wandula u-Saule wasondela ku-
Samyali pakati kwesango, wati: Kaundi-
xelele, ipina ke indhlu yomboni? 19 Waza
u-Samyali wampendula u-Saule, wati:
Mina ndingumboni; nyuka pambi kwami
ukuya endaweni epakamileyo; ngokuba
niya kutya nami namhla, ndandiya kuku-
ndulula kusasa, ndikuxelele konke okusen-
kliziyweni yako: 20 namaqwarashekazi,
lawo akulahlekileyo kuse kuyimihla mita-
tu, ungabekeli wona inkliziyo yako, ngo-
kuba selefunyenwe: kanjalo lukubanina
lwonke unqwenelo lwo-Sirayeli? aluku-
we na nakuyo yonke indhlu yoyihlo?
21 Wapendula u-Saule wati: Andingum-
Benjamine na, owesincinane sezizwe zo-
Sirayeli? nesizalwane sami asisesincinane
na ngapezu kwazo zonke izizalwane zesi-
zwe sika-Benjamine? kunganina ke ukuba
utete kumi ilizwi elinjalo?
22 Waza u-Samyali watabata u-Saule
nesicaka sake, wabangenisa enkambilini,
wabanika indawo engapezulu pakati kwa-
bamenyiweyo, abangati bangamadoda ama-
shumi matatu. 23 Wayesiti u-Samyali
kuye umpeki: Nikela isabelwa endandisi-



University of Fort Hare
Together in Excellence

nika kuwe; endandisiti kuwe ngaso: Si-
beke ngakuwe. 24 Waza umpeki wakupa
umkono nako okupezu kwawo, wabeka
pambi kwo-Saule. Wayesiti: Nanku oku-
seleyo; kubeke pambi kwako, utye; ngo-
kuba ngexesha elimisiweyo bekugcinelwa
wena, nxa ndibe ndisiti: Ndimemile aba-
ntu. Kwa njalo u-Saule watya no-Samyali
ngalommini.

25 Bada behla endaweni epakamileyo
baya esixekweni: waza wateta no-Saule
pezu kwendhlu. 26 Bavuka ke kusasa:
kwaye kute ngasekupumeni kwesifingo,
wandula u-Samyali wambiza u-Saule eze
pezu kwendhlu, esiti: Suka, ukuba ndiku-
ndulule. Wesuka ke u-Saule; baza bapu-
ma bobabini, yena no-Samyali, baya nga-
pandhle. 27 Nxa babehlela esipelweni
sesixeko, wati u-Samyali ku-Saule: Xelela
isicaka sako ukuba sidhlule pambi kwetu,
(sadhlula ke,) kodwa wena yima kaloku,
ukuze ndikuvise ilizwi LIKATIXO.

10 Wandula u-Samyali watabata igutya-
na leoli, wayigalela pezu kwenkloko
yake, wamanga, wati: Akunjalo na, ukuba
UYEHOVA ukutambisile ube yinkosi pezu
kwelifa lake? 2 Nxa umkile namhla kumi,
wosel' ufumana amadoda emabini ngase-
ncwabeni lika-Rakele, emdeni wakwa-
Benjamine, e-Tseletsa; wona aya kuti
kuwe: Amaqwarashekazi, owaya ukuwa-
funa, afunyenwe; bona ke, uyihlo ulahlile
indawo yamaqwarashekazi, exalele nina,
esiti: Ndiya kwenzela 'nto nina unyana
wami? 3 Woti wakugqita kona, nasele,
woza kufika ngasesiyekeni se-Tabore, apo
uya kufumana amadoda ematatu enyukela
KUTIXO e-Betele, ennye itwele amatakane
matatu ebokwe, nennye itwele amasimba
matatu esonka, nennye itwele intsuba ye-
veyine: 4 ayeya kubuza ukupila kwako,
akunike izonka zibini; ezo wozitabata
ezandhleni zawo. 5 Emveni kwoko uya
kufika endulini KATIXO, apo ilali yama-
Filistiya ikona; kwakuya kuti, akufika
kona esixekweni, uya kuhlangana neqela
lababprofite besihla endaweni epakamileyo,
benenebele, nentambula, nomlozi, nohadi,
pambi kwabo; abaya kuprofitesha ke:
6 waye umoya KAYEHOVA eya kuqubula
wena, wauya kuprofitesha nabo, uguqulwe
ube ngumntu wumbi. 7 Makuti, nxa le-
miqondiso ize kuwe, yenza ngokufumana
kwesandhla sako; ngokuba UTIXO enawe.
8 Wauya kwandulela kumi ukuhlela e-
Gilegale; ngokuba bona ke, ndiya kuhlela
kuwe, ndinikele amadini okutshiswa, ndi-
bingelele imibingo yoxolo; yimihla esixe-
nxe uya kulinda, ndide ndize kuwe, ndi-
kwazise oko uya kukwenza.

9 Kwaye kute, akuba ejikile umhlana
wake ukumka ku-Samyali, wandula UTIXO
wamguqulela inkliziyo ibe yimbi: kanjako
yonke lemiqondiso yeza kubako ngalommi-
ni. 10 Bati bakufika kona ngasendulini,
nali iqela lababprofite bemkaulela; waye
umoya KATIXO wamqubula, waza waprofi-
tesha pakati kwabo. 11 Kwabekute, ba-
kubona bonke ababemazi ngexesha lupa-
mbili, ukuba, bona ke, uyaprofitesha pakati
kwabaprofite, bandula abantu bati omnye
kwomnye: Yinto nina le unyana ka-Kishe
uhlelwe yiyo? Kanene u-Saule upakati
kwabaprofite naye na? 12 Waza wape-
ndula umntu wakona, wati: Ngubanina
pofu uyise wabo? Kukona kwenziwa
umzekeliso *wokuti*: Kanene u-Saule upa-
kati kwabaprofite naye na? 13 Wati aka-
ba egqibile ukuprofitesha, wafika endaweni
epakamileyo.

14 Kekaloku uyisekazi ka-Saule wati
kuye nakuso isicaka sake: Nibe nisiya
ngapina? Wayesiti: *Saya* kufuna ama-
qwarashekazi; nanxa besibona ukuba aka-
ko, saya seza ku-Samyali. 15 Waza wati
uyisekazi ka-Saule: Ndixelele ke, ibiyinto
nina u-Samyali abeyiteta kuni? 16 Waye-
siti u-Saule kuyisekazi wake: Wasixelela
ekuhleni ukuba amaqwarashekazi selefu-
nyenwe. Kodwa indawo yobukumkani, abe-
tetile ngayo u-Samyali, akayixela kuye.

17 WAZA u-Samyali wabiza abantu
ndawonye ukuza KUYEHOVA e-Mitsipa.
18 Wayesiti kulo usapo luka-Sirayeli:
Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti:
Ndibanyusile o-Sirayeli e-Jipete, ndani-
hlangula esandhleni sama-Jipete, nasesa-
ndhleni sokumkani bonke ababenibande-
zela: 19 kodwa namhla nimlahlile UTIXO
wenu, obenisindisa ngokwake kubo bonke
ububi benu nobunzima benu; nide nati
kuye: Beka ukumkani pezu kwetu!
Ngako kaloku zimiseni ebusweni BUKAYE-
HOVA ngezizwe zenu, nangamawaka enu.

20 Kwati, akuba u-Samyali ebesondeze
zonke izizwe zo-Sirayeli, kwaqashwa isi-
zwe sika-Benjamine. 21 Nxa abesondeza
isizwe sika-Benjamine ngezizalwane zaso,
kwaqashwa isizalwane sika-Materi, waza



University of Fort Hare

u-Saule, unyana ka-Kishe, waqashwa: ba-
suka bamfuna, kodwa ebengabonakali.
22 Babuya babuza KUYEHOVA, *besiti:* Lo-
ndoda isaza kuza apa na? Waza UYEHOVA
wati: Nantsi izimele pakati kwempahla.
23 Babaleka bamsusa kona: kekaloku nxa
ibimi pakati kwabantu, wadhlula bonke
abantu ngobude kwa semagxalabeni ake
nangapezulu.
24 Waza u-Samyali wati kubo bonke
abantu: Niyabona na lowo unyuliweyo
NGUYEHOVA, ukuba akuko ofana naye pa-
kati kwabo bonke abantu? Basuka bame-
meza bonke abantu, bati: Makapile uku-
mkani! 25 Wandula u-Samyali waxelela
abantu isiko lobukumkani, walibàla en-
newadini, wayibekela pambi KWOYEHOVA.
Wada u-Samyali wabandulula bonke
abantu, ukuya abanye ngabanye ezindhlwi-
ni zabo. 26 Kanjalo no-Saule waya en-
dhlwini yake e-Gibeha: kwahamba naye
*amadoda* omkosi, ankliziyo zicukunyisi-
weyo NGUTIXO. 27 Koko usapo lwobungi-
ningini lwati: Lendoda yoti nina ukusisi-
ndisa? Lwaza lwamdela, lungamziseli
ibaso. Kodwa wanga usisitulu.

11 WANDULA wenyuka u-Nahashe um-
Hamoni, waraula i-Yabeshe-gileyadi:
aza onke amadoda ase-Yabeshe ati ku-Na-
hashe: Yenza ucebano nati, sasiya kuku-
konza. 2 Wayesiti kuwo u-Nahashe um-
Hamoni: Ngako oku ndiya kulwenza *uce-
bano* nani, ukuba ndiwancotule onke ame-
hlo enu okunene, nokuba ndikubeke *oko*
kube lihlazo pezu kwo-Sirayeli bonke.
3 Baza abadala base-Yabeshe bati kuye:
Siyeke imihla ibe sixenxe, ukuze situme
izigidimi kuyo yonke imida yakwa-Siraye-
li: ukuba ke akuko osisindisayo, sesiya
kupumela kuwe. 4 Zandula izigidimi zeza
e-Gibeha ka-Saule, zateta lamazwi ezin-
dhlebeni zabantu; bati bonke abantu ba-
pakamisa ilizwi labo, balila. 5 Kekaloku
bona ke, u-Saule weza emva kwenkabi,
evela ezindhle: wayesiti u-Saule: Abantu
bananina ukuba balile? Baza bambalisela
amazwi amadoda ase-Yabeshe. 6 Wandula
umoya KATIXO wamqubula u-Saule, akuva
lamazwi, yati ingqumbo yake yavuta ku-
nene. 7 Watabata isibini senkabi, wazi-
hlahla, wazituma kuyo yonke imida ya-
kwa-Sirayeli ngezandhla zezigidimi, kusi-
twa: Osukuba engapumi emva kwo-Saule
nasemva kwo-Samyali, kuya kwenziwa
njalo kuzo inkabi zake. Lwaza ulwoyiko
LUKATIXO lwawa pezu kwabantu, bada ba-
puma njengomntu 'mnye. 8 Kekaloku
akubabala e-Bezeke, usapo luka-Sirayeli
belungamawaka angamakulu matatu, na-
madoda akwa-Juda ebengamawaka anga-
mashumi matatu.
9 Baza bati kuzo izigidimi ezezayo:
Niya kutsho kuwo amadoda ase-Yabeshe-
gileyadi ukuti: Ngomso, nxa ilanga liba-
lelayo, niya kuba nosindiso. Zasuka izi-
gidimi zeza zawaxelela amadoda ase-Yabe-
she; avuya ke. 10 Aza amadoda ase-Ya-
beshe ati: Ngomso siya kupumela kuni,
naniya kwenza kuti ngako konke okulu-
ngileyo emehlweni enu.
11 Kwaye kute ngomnye umhla, ukuba
u-Saule wamisa abantu babe ngamaqela
matatu; basuka beza pakati kwomnquba
ngevarasho lokusa, babulala aba-Hamoni
kwada kwasekufudumaleni kwemmini:
kwaza kwati, abo baseleyo bacitwa, bada
abasala pakati kwabo ababini endaweni
'nnye.
12 Baza abantu bati ku-Samyali: Ngu-
banina obesiti: u-Saule uya kupata ubu-
kumkani pezu kwetu na? kupani amadoda
lawo, siwafise. 13 Wayesiti u-Saule:
Akayi kufiswa 'mntu namhla nje; ngokuba
namhla UYEHOVA elwenzile usindiso kwa-
Sirayeli.
14 Wandula u-Samyali wati ebantwini:
Hambani, sihambe siye e-Gilegale, sitwa-
sise kona ubukumkani. 15 Baza bonke
abantu baya e-Gilegale, bamenza u-Saule
ukumkani kona pambi KWOYEHOVA e Gile-
gale; babingelela nakona imibingo yoxolo
pambi KWOYEHOVA; waye u-Saule wavuya
kona, nawo onke amadoda akwa-Sirayeli,
kakulu.

12 WAZA u-Samyali wati kubo bonke
o-Sirayeli: Bona ke, ndipulapulile
ilizwi lenu ngako konke enikutetileyo
kumi; ndenzile ukumkani pezu kwenu.
2 Nakaloku, nanku ukumkani ehamba pa-
mbi kwenu: mina ke, ndimdala, ndinezim-
vi; nonyana bami, naba benani: kanjalo
mina ndihambile ebusweni benu kwa se-
butsheni bami kude kwanamhla. 3 Nanku
ndilapa nje, nqinelani ngakumi pambi
KWOTIXO, napambi kwomtanjiswa wake:
yekabanina inkabi endiyihlutileyo? leli-
kabanina iqwarashe endilihlutileyo? ngu-
banina endimlumkisileyo? ngubanina e-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ndimbandezeleyo? ndisamkele isizi kwesi-
kabanina isandhla, ukuba ndimfamekise
amehlo ami ngaso? ndandiya kubuyisela
kuni. 4 Baye besiti: Akusilumkisanga,
akusibandezelanga, akwamkelanga 'nto
esandhleni samntu. 5 Waza wati kubo:
UYEHOVA ulinqìna ngakuni, nomtanjiswa
wake ulinqìna namhla nje, lokuba anifu-
mananga 'nto esandhleni sami. Bati:
Ulinqìna.

6 Walekela u-Samyali wati ebantwini:
NGUYEHOVA owenza u-Mosesi no-Arone,
nowenyusayo oyihlo benu elizweni le-Ji-
pete. 7 Ngako kaloku yimani, ukuze ndi-
pikisane nani ebusweni BUKAYEHOVA ngazo
zonke izenzo ezilungileyo ZIKAYEHOVA,
azenzileyo kuni nakoyihlo benu. 8 Xe-
shekweni abefikile u-Yakobi e-Jipete, bada
bakala oyihlo benu KUYEHOVA, wandula
UYEHOVA watuma u-Mosesi no-Arone, aba-
pumisayo oyihlo benu e-Jipete, babahlalisa
kulendawo. 9 Kodwa bamlibala UYEHOVA,
UTIXO wabo; waza wabatengisa esandhleni
sika-Sisera, inkosi yempi yase-Hatsore,
nasesandhleni sama-Filistiya, nasesandhle-
ni sokumkani wama-Mowabi, abalwayo
ngakubo. 10 Bada bakala KUYEHOVA, bati:
Sonile, ngokuba sishiyile UYEHOVA, sakonza
o-Bali no-Hashetorete; kodwa kaloku si-
sindise esandhleni sentshaba zetu, sasiya
kukonza wena. 11 Wandula UYEHOVA wa-
tuma u-Yerubebali, no-Bedane, no-Jefeta,
no-Samyali, wanisindisa esandhleni sen-
tshaba zenu ezingqongayo, nada nahlala
ngokunqaba. 12 Kodwa nakubona ukuba
u-Nahashe, ukumkani wosapo luka-Hamo-
ni, weza ngakuni, nati kumi: Hai; ngu-
kumkani oya kupata ubukosi pezu kwetu;
nxa UYEHOVA, UTIXO wenu, ebengukumkani
wenu. 13 Ngako kaloku nanku ukumka-
ni enimnyulileyo, lowo nimcelileyo! bona
ke, UYEHOVA umisile ukumkani pezu kwe-
nu. 14 Ukuba niya kunoyika UYEHOVA,
nimkonze, nipulapule ilizwi lake, ninga-
vukeli ngakuwo umlomo KAYEHOVA, niya
kwandul' ukuti, kwa nani nokumkani opa-
ta ubukosi pezu kwenu, nimlandele UYE-
HOVA, UTIXO wenu: 15 kanti ukuba aniyi
kupulapula ilizwi LIKAYEHOVA, koko nivu-
kela ngakuwo umlomo KAYEHOVA, sesiya
kuti isandhla SIKAYEHOVA sibe ngakuni,
njengokuba besingakubo oyihlo benu. 16
Ngako kaloku yimani, nibone lento enku-
lu, aya kuyenza UYEHOVA pambi kwamehlo
enu. 17 Asi kuko na ukuvunwa kwennqo-
lowa namhla? Ndiya kubiza KUYEHOVA;
waeya kunika indudumo nemvula, ukuze
nazi, nibone, ukuba kukulu ukukohlakala
kwenu, enikwenzileyo emehlweni KAYE-
HOVA, ngokuzicelela ukumkani.

18 Wandula u-Samyali wabiza KUYE-
HOVA; waza UYEHOVA wanika indudumo
nemvula ngalommini; bati bonke abantu
boyika kakulu UYEHOVA no-Samyali. 19
Kanjalo bonke abantu bati ku-Samyali:
Tandazela izicaka zako KUYEHOVA, UTIXO
wako, ukuze singafi; ngokuba songezile
kuzo zonke izono zetu lenkohlakalo yoku-
zicelela ukumkani.

20 Waza u-Samyali wati ebantwini:
Ningoyiki; niyenzile *kambe* yonke lenko-
hlakalo; noko ke ningapambuki ekumla-
ndeleni UYEHOVA, kodwa konzani UYEHOVA
ngayo yonke inkliziyo yenu: 21 ize ninga-
pambuki; ngokuba *beniya ku*landela izinto
ezingendawo, ezingenakunceda, ezingena-
kusindisa nokusindisa; ngokuba zingenda-
wo. 22 Ngokuba UYEHOVA engayi kulahla
abantu bake, ngennxa yegama lake eliku-
lu; ngokuba UYEHOVA ebetanda ukunenza
abantu bake. 23 Kanjako mina, makube
lé kumi ukuba ndone ngakuye UYEHOVA,
ngokuyeka ukunitandazela; koko ndiya
kunifundisa indhlela elungileyo nefanele-
kileyo: 24 kodwa yoyikani UYEHOVA,
nimkonze yena ngennyaniso ngayo yonke
inkliziyo yenu; ngokuba gqalani izinto
ezingakanana azenzileyo kuni. 25 Kodwa
ukuba nimana ukwenza inkohlakalo, niya
kubujiswa, kwa nina nokumkani wenu.

13 USAULE waselengumnyaka 'mnye
ekupateni kwake ubukumkani: nxa
abepete ubukumkani pezu kwo-Sirayeli
iminyaka yamibini, 2 wandula u-Saule
wazinyulela amawaka matatu *amadoda*
akwa-Sirayeli; amawaka mabini ebeko no-
Saule e-Mikimashe nasentabeni yase-Bete-
le, newaka linye ebeno-Jonatane e-Gibeha
yakwa-Benjamine; nabantu abaseleyo wa-
bandulula baye abanye ngabanye ezinten-
teni zabo.

3 Waza u-Jonatane wabeta ilali yama-
Filistiya ebise-Geba; kwaviwa ke ngama-
Filistiya. Ngako u-Saule wavutela ngexi-
longo elizweni lonke, esiti: Makeve ama-
Hebere. 4 Baza bonke o-Sirayeli beva
kusitwa: u-Saule ubetile ilali yama-Fili-
stiya; nakanjalo, o-Sirayeli banukele
ama-Filistiya. Bandula abantu babizelwa



University of Fort Hare

ndawonye emva kwo-Saule e-Gilegale.
5 Kanjako ama-Filistiya ahlanganiswa
ukuza kulwa no-Sirayeli, innqwelo ezima-
waka amashumi matatu, nabakweli bama-
bashe abamawaka matandatu, nabantu aba-
njengenklabati ebiselunxwemeni lwolwa-
ndhle ngobuninzi: enyuka ke, ati waca e-
Mikimashe,ngasempumalangaye-Betavene.
6 Ati amadoda akwa-Sirayeli akubona
ukuba asesixakeni, (ngokuba abantu bebe-
katazekile,) bandula abantu bazimela emi-
qolombeni, nasezindadeni, nasemaweni,
nasezinnqatyeni, naseminxunyeni. 7 Ka-
njalo ama-Hebere awela i-Yoredane ukuya
elizweni lakwa-Gadi nele-Gileyadi.
Kodwa u-Saule ebeseko yena e-Gile-
gale, bati bonke abantu bamlandela ngoku-
ngcangcazela. 8 Waza walinda imihla
yasixenxe, ixesha elimisiweyo ngu-Samya-
li; kodwa u-Samyali ebengekafiki e-Gile-
gale; kanjalo abantu baciteka kuye. 9
Wandula u-Saule wati: Sondezani kumi
idini lokutshiswa, neminikelo yoxolo. Wa-
za wanikela idini lokutshiswa.
10 Kwaye kute, akuba egqibile ukuni-
kela idini lokutshiswa, nanku u-Samyali
esiza. Wapuma ke u-Saule ukuya kumkau-
lela, aze ambulise. 11 Waza wati u-
Samyali: Wenze 'nto nina? Wayesiti u-
Saule: Ngokuba bendibona ukuba abantu
bacitekile kumi, nokuba wena akufikanga
ngemihla emisiweyo, nokuba ama-Filistiya
ahlanganiselwe e-Mikimashe; 12 ngako
ndati: Kaloku ama-Filistiya aya kuhlela
kumi e-Gilegale, nxa ubuso BUKAYEHOVA
ndingabukungelanga; ndaza ndazinyanze-
la, ndanikela idini lokutshiswa. 13 Wa-
ndula u-Samyali wati ku-Saule: Wenze
ngobudenge; akugcinanga umyalelo KAYE-
HOVA, UTIXO wako, lowo akuyaleleyo: ngo-
kuba kaloku UYEHOVA ngeeqinisile ubuku-
mkani bako pezu kwo-Sirayeli kude kube
ngunapakade: 14 kodwa ngoku ubuku-
mkani bako abuyi kuma: UYEHOVA uzifu-
nele indoda enjengenkliziyo yake; ka-
njalo UYEHOVA uyimisele ibe yinkosi pezu
kwabantu bake; ngokuba ungagcinanga
oko akuyaleleyo UYEHOVA.
15 Waselesuka u-Samyali, wenyuka e-
Gilegale waya e-Gibeha yakwa-Benjamine.
Waye u-Saule wabala abantu abakoyo
naye, banga bangamakulu matandatu ama-
doda. 16 Kanjalo u-Saule, no-Jonatane
unyana wake, nabantu abakoyo nabo, ba-
hlala e-Geba yakwa-Benjamine.
Kodwa ama-Filistiya ati waca e-Mikima-
she. 17 Baza bapuma abafaci emnqubeni
wama-Filistiya ngamaqela amatatu: elinye
iqela lajika ngasendhleleni *esinga* e-Hofera,
ngaselizweni le-Shuhali; 18 nelinye iqela
lajika ngasendhleleni *esinga* e-Bete-ho-
rone; nelinye iqela lajika ngasendhleleni
yomda obekayo esihlanjeni se-Tsebohime
ngasenklango.
19 Kekaloku bekungafunyanwa umka-
ndi kulo lonke ilizwe lakwa-Sirayeli;
ngokuba ama-Filistiya ebete: Hleze ama-
Hebere enze irele umhlaumbi intshuntshe;
20 ngako o-Sirayeli bonke behlela kuwo
ama-Filistiya, ukuba balole abanye ngaba-
nye iskare zabo, namakuba abo, namaze-
mbe abo, nezitshetshe zepuluwa zabo.
21 Kodwa bekuko intsimbi enamazinyo
*ukwenza* inklangoti kuzo izitshetshe zepu-
luwa, nakuwo amakuba, nakuzo iforoke,
nakuwo amazembe, nokubaza izinto zoku-
hlaba. 22 Kwaza kwati ngomhla woku-
lwa, akwafunyanwa irele nentshuntshe
ezandhleni zabo bonke abantu ababeno-
Saule no-Jonatane; kodwa bekufunyanwa
ku-Saule naku-Jonatane unyana wake.
23 Bada bapuma abelali yama-Filistiya
baya engxingweni yase-Mikimashe.

14 KWAYE kute ngomhla *otile*, wati u-
Jonatane unyana ka-Saule kumfana
otwele izixòbo zake: Hamba, sigqite siye
elalini yama-Filistiya ekwelinye icala.
Kodwa akamxelela uyise. 2 Kekaloku
u-Saule wahlala emncameni ye-Gibeha,
ngapantsi kwomti wegranate obuse-Migro-
ne; nabantu ababenaye, benga bangama-
kulu matandatu amadoda; 3 no-Ahiya,
unyana ka-Ahitube, umzalwana ka-Yikabo-
de, unyana ka-Finehasi, unyana ka-Heli,
umperisite KAYEHOVA e-Shilo, evete iyefodi.
Baye abantu bengazi ukuba u-Jonatane
wemkile. 4 Pakati kwengxingwa, apo u-
Jonatane wafuna ukugqita kona ukuya
elalini yama-Filistiya, bekuko itsolo leliwa
ngelicala, netsolo leliwa ngeliya icala:
igama lelinye beliyi-Botsetse, negama leli-
nye beliyi-Sene. 5 Elinye itsolo lema
ngasenode limalungana ne-Mikimashe, ne-
linye ngasesuyide limalungana ne-Geba.
6 Waye u-Jonatane wati kumfana otwelo
izixòbo zake: Hamba, sigqite siye elalini
yaba 'bangalukileyo: kungaba UYEHOVA
wosisebenzela; ngokuba kungeko isitinte-
lo KUYEHOVA ukuba asindise ngabaninzi



University of Fort Hare
Together in Excellence

umhlaumbi ngabancinane. 7 Waza umtwali
wezixòbo zake wati kuye: Yenza konke
okusenkliziyweni yako; jikela ke; nanku
ndinawe ndinjengenkliziyo yako. 8 Wa-
ndula u-Jonatane wati: Bona ke, siya ku-
gqita ukuya kulamadoda, sizibonakalise
kuwo. 9 Ukuba aya kutsho kuti ukuti:
Niti nqumama, side sisondele kuni; sesiya
kuhlala simi endaweni yetu, singanyukeli
kuwo: 10 kodwa ukuba aya kutsho ukuti:
Nyukelani kuti; sesiya kunyuka; ngoku-
ba UYEHOVA ewanikele esandhleni setu:
kwa lento yoba ngumqondiso kuti.

11 Basuka bobabini bazibonakalisa ela-
lini yama-Filistiya: aza ati ama-Filistiya:
Nanga ama-Hebere epumile emiweweni
apo abezimele kona. 12 Andula amadoda
aselalini apendula u-Jonatane nomtwali
wezixòbo zake, ati: Nyukelani kuti, sasiya
kunazisa into. Waselesiti u-Jonatane kum-
twali wezixòbo zake: Nyuka emva kwa-
mi; ngokuba UYEHOVA ewanikele esandhle-
ni so-Sirayeli. 13 Waza u-Jonatane we-
nyuka ngezandhla zake nangennyawo zake,
nomtwali wezixòbo zake emva kwake:
awa ke pambi kwo-Jonatane; kanjalo
umtwali wezixòbo zake wabulala emva
kwake. 14 Kekaloku esosibulalo sokuqala,
esibe senziwa ngu-Jonatane nomtwali we-
zixòbo zake, saye singa singamadoda anga-
mashumi mabini, endaweni engati isisiqi-
ngata somqela wendima yentsimi.

15 Kwasuka kwabako ukungcangcazela
emkosini, nasezindhle, nasebantwini bo-
nke; abelali, nabafaci, bangcangcazela
nabo; ewe, umhlaba wazamazama; ngo-
kuba bekuko ukungcangcazela kuvela
KUTIXO.

16 Baza abalindi baka-Saule e-Gibeha
yakwa-Benjamine bakangela; kekaloku
nasi isihlwele sinyibilika, simana siciteka.
17 Wandula u-Saule wati kubantu abana-
ye: Balani ke, nibone, ngubanina owemki-
leyo kuti. Bakuba bebalile, bona ke, u-
Jonatane nomtwali wezixòbo zake bebe-
ngeko. 18 Waza u-Saule wati ku-Ahiya:
Sondeza ityeya KATIXO. Ngokuba ityeya
KATIXO ibiko ngeloxesha nosapo luka-Sira-
yeli. 19 Kwaye kute, nxa asateta u-Saule
kumperisite, yati impitimpiti ebisemkosini
wama-Filistiya yamana ukwanda ngaku-
mbi. Ngako u-Saule wati kumperisite:
Susa isandhla sako. 20 Kwaza kwahla-
nganisana u-Saule nabantu bonke abanaye,
beza ekulweni; kekaloku bona ke, irele
lomnye belingakuye omnye, isipitipiti
esikulu kunene. 21 Kanjako bekuko ama-
Hebere kunye nama-Filistiya njengapambi-
li, abenyukile *ezweni* elingqongayo ukuya
nawo emnqubeni; kwa nawo atelelana no-
Sirayeli ababeno-Saule no-Jonatane. 22 Na-
wo onke amadoda abezimele entabeni ya-
kwa-Frayime, akuva ukuba ama-Filistiya
ebesaba, kwa wona ati nama ukuwalandela
ekulweni. 23 Kwa njalo UYEHOVA waba-
sindisa ngalommini o-Sirayeli; kwaza
ukulwa kwadhlulela e-Betavene.

24 Kekaloku amadoda akwa-Sirayeli
ebediniwe ngalommini; ngokuba u-Saule
ebefungisile abantu, esiti: Makuqalekiswe
osukuba esidhla ukudhla kude kuhlwe,
ukuze ndipindezelwe ezintshabeni zami.
Ngako bonke abantu abeva ukudhla. 25
Laza lonke ilizwe leza ehlatini; keka-
loku bekuko ubusi pezu kwobuso bomhla-
ba. 26 Bati bakufika abantu ehlatini,
nangu umsinga wobusi; kodwa bekungeko
'mntu owabeka isandhla sake emlonyeni
wake, ngokuba abantu bebesoyika isifungo.
27 Kodwa u-Jonatane ebengevanga, nxa
uyise abefungisa abantu; ngako wayolula
inncame yentonga ebisesandhleni sake,
wayifaka enncindini yobusi, wasibuyisela
emlonyeni wake isandhla sake; ati ame-
hlo ake akanya. 28 Waza omnye waseba-
ntwini wapendula wati: Uyihlo waqinisa
ukufungisa abantu ngokuti: Makaqaleki-
swe osukuba esidhla ukudhla namhla.
Kekaloku abantu bebecubukile. 29 Wa-
ndula u-Jonatane wati: Ubawo ukatazile
ilizwe; bonani ke ukukanya kwamehlo
ami, ngokuba ndivile intwana yobubusi:
30 kangakananina ke ngakumbi, ukuba
abantu bebekolisile ukutya namhla kuma-
xoba entshaba zabo abawafumanayo! ngo-
kuba kaloku isibulalo singabanga sikulu
pakati kwama-Filistiya.

31 Kekaloku bawabeta ama-Filistiya
ngalommini kwa se-Mikimashe kude kwa-
se-Ajalone: baye abantu becubukile ka-
kulu. 32 Basuka abantu bagaleleka pezu
kwamaxoba, batabata igusha, nenkabi, na-
matole, bazixèla ngasemhlabeni; bati aba-
ntu bazidhla zinegazi. 33 Kwaza kwaxe-
lwa ku-Saule, kusitwa: Naba abantu
besona ngakuye UYEHOVA ngokudhla kunye
negazi. Wayesiti: Nenzile ngobumene-
mene; qengqelani kumi namhla ilitye eli-
kulu. 34 Wati kanjalo u-Saule: Yitini
sa pakati kwabantu, niti kubo: Sondezani



University of Fort Hare
Together in Excellence

kumi, abanye ngabanye inkabi zabo, na-
banye ngabanye igusha zabo, nizixèle apa,
nidhle ; nize ningoni ngakuye UYEHOVA
ngokudhla kunye negazi. Baza bonke
abantu basondeza nabo abanye ngabanye
inkabi zabo ngobusuku obo, bazixèla kona.
35 Wandula u-Saule waka isibingelo KU-
YEHOVA : waqala ngaso ukwaka isibingelo
KUYEHOVA.

36 Wayesiti u-Saule: Masihle emva
kwama-Filistiya ngobusuku, siwapange
kude kukanye ukusa, singasalisi nannye
indoda pakati kwawo kanjalo. Bati *aba-
ntu :* Yenza konke okulungileyo emehlwe-
ni ako. Wati kodwa umperisite: Masiso-
ndele apa KUTIXO. 37 Waza u-Saule wa-
buza KUYEHOVA, *esiti :* Ndiya kuhla na
emva kwama-Filistiya? wowanikela na
esandhleni so-Sirayeli? Kodwa akampe-
ndula ngalomhla.

38 Wandula wati u-Saule: Sondelani
apa, nonke zinkosi zabantu, nazi, nibone,
ukuba sibe sikwinto nina esisono namhla?
39 Ngokuba, ehleli nje UYEHOVA, osindisa
o-Sirayeli, nakuba besiko ku-Jonatane
unyana wami, uya kufa ngennyaniso.
Kodwa bekungeko namnye owampendulayo
ebantwini bonke. 40 Wandula wati kubo
bonke o-Sirayeli: Yibani nina kwelinye
icala, nami no-Jonatane unyana wami soba
kwelinye icala. Bati ke abantu ku-Saule:
Yenza okulungileyo emehlweni ako. 41
Waza u-Saule wati KUYEHOVA, UTIXO ka-
Sirayeli: Nika *iqashiso* eliyinnyaniso!
Kwaye kuqashwa u-Jonatane no-Saule;
kodwa abantu basinda. 42 Wayesiti u-
Saule: Qashisani pakati kwami no-Jonata-
ne unyana wami. Wayeqashwa u-Jona-
tane.

43 Wandula u-Saule wati ku-Jonatane:
Ndixelele ke into uyenzileyo. Waza u-
Jonatane wamxelela, wati: Ndaka ndeva
intwana yobusi ngenncame yentonga ebi-
sesandhleni sami; bona ke, ndiya kufa.
44 Waza u-Saule wati: UTIXO makenje
njalo, alekele ukwenje njalo; ngokuba uya
kufa ngennyaniso, Jonatane! 45 Koko
abantu bati ku-Saule: Uya kufa na u-Jona-
tane, olwenzileyo olusindiso olukulu kwa-
Sirayeli? Makube lé oko! ehleli nje UYE-
HOVA, akuyi kuwa nalunye lwennwele
zenkloko yake ngasemhlabeni; ngokuba
esebenzile NOTIXO namhla nje. Kwa njalo
abantu bamkulula u-Jonatane, akafa no-
kufa. 46 Wandula u-Saule wenyuka eku-
landeleni ama-Filistiya; ati ama-Filistiya
aya endaweni yawo.

47 KWA njalo u-Saule wabamba ubu-
kumkani pezu kwo-Sirayeli, walwa ngaku-
zo zonke intshaba zake ezingqongayo,
ngakuwo ama-Mowabi, nangakulo usapo
luka-Hamoni, nangakuwo ama-Edome, na-
ngakubo okumkani be-Tsoba, nangakuwo
ama-Filistiya; nalapo kusukuba ebebeka
kona, wazeyisa. 48 Wayesenza ngoburoti,
wabeta ama-Amaleki, wabahlangula o-Si-
rayeli esandhleni sabatimbi babo.

49 Kekaloku onyana baka-Saule bebe-
ngu-Jonatane, no-Yishevi, no-Maleki-shu-
ha; namagama entombi zake zombini,
igama leyamazibulo belingu-Merabi, nega-
ma lenncinane belingu-Mikali; 50 negama
lomfazi ka-Saule belingu-Ahinohame, into-
mbi ka-Himabatse; negama lenkosi yomko-
si wake belingu-Abenere, unyana ka-Nere,
uyisekazi ka-Saule. 51 U-Kishe ebengu-
yise ka-Saule; no-Nere, uyise ka-Abenere,
ebengunyana ka-Abiyeli.

52 Kwaye kuko ukulwa okunzima nga-
kuwo ama-Filistiya ngayo yonke imihla
ka-Saule; ngako, onke amagora, nawo
onke amadoda oburoti, akuwabona u-Saule,
wawabutela kuye.

15 WANDULA u-Samyali wati ku-
Saule: UYEHOVA wandituma ukuba
ndikutambise ube ngukumkani pezu kwa-
bantu bake, pezu kwo-Sirayeli; ngako ka-
loku yiva ilizwi lamazwi KAYEHOVA. 2 U-
tsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Ndikumbule
oko u-Amaleki akwenzileyo ku-Sirayeli,
okokuba wammela endhleleni, ekunyukeni
kwake e-Jipete. 3 Hamba kaloku, ubete
u-Amaleki, nikulahlele ekutshatyalalisweni
konke anako, ungabi nannceba pezu kwa-
ke; uze ubulale kwa amadoda nabafazi,
intsapo nentsana, inkabi negusha, inkame-
la namaqwarashe.

4 Waza u-Saule wabiza abantu, wababala
e-Telayime, amawaka angamakulu mabini
abahamba ngennyawo, namawaka alishu-
mi amadoda akwa-Juda. 5 Wasuka u-
Saule weza esixekweni sama-Amaleki, wa-
beka abalaleli entilini. 6 Kekaloku u-
Saule wati kuma-Keni: Hambani, nimke,
nihle pakati kwama-Amaleki, hleze ndini-
cite nawo; ngokuba nina nenzele lwonke
usapo luka-Sirayeli ububele, ekunyukeni
kwalo e-Jipete. Andula ama-Keni emka



University of Fort Hare

pakati kwama-Amaleki. 7 Waza u-Saule
wabeta ama-Amaleki kwa se-Havila kude
kwaziwa e-Shure, engapambi kwe-Jipete.
8 No-Hagagi, ukumkani wama-Amaleki,
wambamba ehleli; nabo bonke abantu
wabalahlela ekutshatyalalisweni ngohla-
ngoti lwerele. 9 Koko u-Saule nabantu
bebenennceba pezu kwo-Hagagi, napezu
kwezilungileyo kakulu pakati kwegusha,
nenkabi, nenkomo ezilungileyo ngasemva,
napezu kwemvana, napezu kwako konke
okulungileyo, bengavumanga ukuzilahlela
ekutshatyalalisweni; kodwa zonke izinto
ezidelekayo nezibityileyo, zona bazilahlela
ekutshatyalalisweni.

10 Kwandul' ukuza ilizwi LIKAYEHOVA
ku-Samyali, lisiti: 11 Kulusizi kumi uku-
ba ndimenzile u-Saule ukumkani; ngokuba
ebuyile emva kwami, namazwi ami engawa-
fezanga. Waza waqumba u-Samyali, wakala
KUYEHOVA ubusuku bonke. 12 Kwati kwa-
kuvuka kusasa u-Samyali ukuya kumkau-
lela u-Saule ngexesha lokusa, kwaxelelwa
u-Samyali ukuti: Weza u-Saule e-Karame-
le, kekaloku bona ke, wazimisela inkumbu-
zelo, wajika, wadhlula, wehla waya e-Gile-
gale.

13 Wasuka u-Samyali weza ku-Saule;
waza wati u-Saule kuye: Mautanyusanqe-
lwe NGUYEHOVA! ndifezile ilizwi LIKAYEHO-
VA. 14 Wati ke u-Samyali: Liyinto nina
pofu elozwi legusha ezindhlebeni zami,
nelizwi lenkabi endilivayo? 15 Wayesiti
u-Saule: Babevela nazo kuma-Amaleki;
ngokuba abantu bebenennceba pezu kwe-
zilungileyo kakulu pakati kwegusha nen-
kabi, ukuze babingele UYEHOVA, UTIXO
wako; kodwa eziseleyo sizilahlele ekutsha-
tyalalisweni. 16 Wandula u-Samyali wati
ku-Saule: Kauyeke, ndandiya kukuxelela
oko akutetileyo kumi UYEHOVA ngobubu-
suku. Wayesiti kuye: Teta ke.

17 Waza u-Samyali wati: Nxa ubumnci-
nane emehlweni ako, aku*njalo* na ukuba
waba yinkloko yezizwe zo-Sirayeli, nokuba
UYEHOVA wakutambisa ube ngukumkani
pezu kwo-Sirayeli? 18 Wada UYEHOVA
wakutuma ukuya endhleleni, esiti: Ha-
mba ulahlele ekutshatyalalisweni aboni
abo, ama-Amaleki, ulwe ngakubo ude uba-
gqibele. 19 Kunganina ke ukuba unge-
vanga ilizwi LIKAYEHOVA, koko wagaleleka
pezu kwamaxoba, wakwenza okukohlake-
leyo emehlweni KAYEHOVA? 20 Waza u-
Saule wati ku-Samyali: Ewe, ndilivile
ilizwi LIKAYEHOVA, ndihambile endhleleni
UYEHOVA wanditumа ngayo, ndimzisile u-
Hagagi ukumkani wama-Amaleki, nama-
Amaleki ndiwalahlele ekutshatyalaliswe-
ni: 21 kodwa abantu bacapula kuwo ama-
xoba, igusha nenkabi, oko kunqabileyo
pakati kwokulahlelwe ekutshatyalaliswe-
ni, ukuze babingele UYEHOVA, UTIXO wako,
e-Gilegale. 22 Waza u-Samyali wati:
UYEHOVA uyakoliswa ngamadini oku-
tshiswa nemibingo na, njengokuba *ekoliswa*
kukuva ilizwi LIKAYEHOVA? Bona ke, ukuva
kulungile ngapezu kwombingo, *no*kupula-
pula ngapezu kwenqata lenkunzi zegusha.
23 Ngokuba ukungeva kusisono sokulaula,
nenkani ikukukonza amadalo neterafi.
Ngennxa yokuba ulahlile ilizwi LIKAYE-
HOVA, naye ulahlile wena ungabi nguku-
mkani. 24 Wandula u-Saule wati ku-
Samyali: Ndonile; ngokuba ndigqitile
umteto KAYEHOVA namazwi ako; ngokuba
bendiboyika abantu, ndeva ilizwi labo:
25 ngako kaloku, ndixolele ke isono sami,
uze ubuye nami, ukuba ndimbedeshe UYE-
HOVA. 26 Waza u-Samyali wati ku-Saule:
Andiyi kubuya nawe: ngokokuba ulahlile
ilizwi LIKAYEHOVA, kukona UYEHOVA alahlile
wena, ukuze ungabi ngukumkani pezu
kwo-Sirayeli. 27 Wati akujika u-Samyali
ukuba emke, wabamba isondo lengubo
yake, lada larazuka. 28 Wayesiti u-Samya-
li kuye: UYEHOVA urazulile kuwe ubuku-
mkani bakwa-Sirayeli namhla, wabunika
kummelwane wako, okugqitisileyo ngoku-
lunga: 29 kanjako oyinnyaniso ka-Sirayeli
akaxoki, akaguquki nokuguquka; ngokuba
engengumntu, ukuba aguquke. 30 Waza
wati: Ndonile; *noko* kaloku kaundibeko
pambi kwabadala babantu bami, napambi
kwo-Sirayeli, uze ubuye nami, ukuba
ndimbedeshe UYEHOVA, UTIXO wako. 31
Wandula wabuya u-Samyali waya emva
kwo-Saule; wati u-Saule wambedesha
UYEHOVA.

32 Waza wati u-Samyali: Sondezani
kumi u-Hagagi ukumkani wama-Amaleki.
Kekaloku u-Hagagi waya kuye ngokucwa-
yita. Wati ke u-Hagagi: Ngennyaniso
uburara bokufa bumkile! 33 Wayesiti
u-Samyali: Njengokuba irele lako libahlu-
tile abafazi abantwana babo, kwa njalo
unyoko uya kuhlutwa abantwana pakati
kwabafazi. Waza u-Samyali wamhlahla
u-Hagagi pambi KWOYEHOVA e-Gilegale.

34 Wandula u-Samyali waya e-Rama;



University of Fort Hare
Together in Excellence

wenyuka u-Saule waya endhlwini yako
e-Gibeha ka-Saule. 35 Akapinda ke u-
Samyali ukumbona u-Saule, kwada kwa-
ngumhla wokufa kwake : kodwa u-Samyali
wamlilela u-Saule noko.
Kanjako kwalusizi KUYEHOVA ukuba
ebemenzile u-Saule ukumkani pezu kwo-
Sirayeli.

16 WADA UYEHOVA wati ku-Samyali :
Kude kube ninina uya kumlilela u-
Saule, ndimlahlile nje mina ukuba angabi
ngukumkani pezu kwo-Sirayeli ? zalisa
upondo lwako ngeoli, uhambe ; ndokutu-
ma ku-Jese um-Beteleheme ; ngokuba ndi-
zibonele ukumkani pakati kwonyana bake.
2 Waza u-Samyali wati : Ndoti nina uku-
hamba ? akuva u-Saule, wondibulala. Wa-
yesiti UYEHOVA : Tabata nawe itokazi
lenkomo, uti : Ndize ukubingela UYE-
HOVA. 3 Wandule umeme u-Jese eze
embingweni ; ndandiya kukwazisa oko
uya kukwenza ; wauya kunditambisela
lowo endimxela kuwe.
4 Wasuka wenza u-Samyali oko akuteti-
leyo UYEHOVA, weza e-Beteleheme. Baza
abadala besixeko bamkaulela ngokungca-
ngcazela, bati : Uyeza ngoxolo na ? 5 Wa-
yesiti : Ngoxolo ; ndize ukubingela U-
YEHOVA : zingcwaliseni, nize nami embi-
ngweni. Waza wabangcwalisa u-Jese no-
nyana bake, wabamemela embingweni.
6 Kwaye kute, bakungena, wambona u-
Eliyabe, wati : Okunene umtanjiswa wake
upambi KWOYEHOVA ! 7 Kodwa UYEHOVA wa-
ti ku-Samyali : Ungakangeli ukubonakala
kwake, nobupakamo bobude bake, ngokuba
ndimlahlile : ngokuba kungenjengokuba
kubonwa ngumntu ; ngokuba umntu ebo-
na okupambi kwamehlo, kodwa UYEHOVA
ebona okusenkliziyweni. 8 Wandula u-
Jese wambiza u-Abinadabi, wamdhlulisa
pambi kwo-Samyali. Wayesiti : UYEHOVA
akamnyulanga nalowo. 9 Wandula u-Jese
wamdhlulisa u-Shama. Wayesiti : UYE-
HOVA akamnyulanga nalowo. 10 Kwa
njalo u-Jese wadhlulisa isixenxe sonyana
bake pambi kwo-Samyali. Wayesiti u-
Samyali ku-Jese ; UYEHOVA akanyulanga
aba. 11 Walekela u-Samyali wati ku-
Jese : Kukupela kwabantwana *bako* aba
na ? Wayesiti : Kusasele omncinane ; ke-
kaloku bona ke, uyalusa igusha. Waza
u-Samyali wati ku-Jese : Tuma, umtabate ;
ngokuba singayi kuhlala ngokuti ngqonga,
ade afike apa. 12 Watuma ke, wamnge-
nisa. Waye yena ebomvura, enobuhle
bamehlo nesoya sokubonakala. Wayesiti
UYEHOVA : Suka, umtambise ; ngokuba lo
enguye. 13 Wandula u-Samyali watabata
upondo oluneoli, wamtambisa pakati kwa-
bakuluwe bake : wati umoya KAYEHOVA
wehla pezu kwo-Davide kwa semhleni lo-
wo nangasemva. Wesuka ke u-Samyali,
waya e-Rama.

14 KODWA umoya KAYEHOVA wemka
ku-Saule ; waye umoya okohlakeleyo evela
KUYEHOVA wamzuma. 15 Zaza izicaka
zika-Saule zati kuye : Bona ke, umoya
okohlakeleyo KATIXO uyakuzuma : 16 maiti
ke inkosi yetu ixelele izicaka zako ezisebu-
sweni bako, ukuba zifune indoda eyaziyo
ukubeta uhadi ; kwakuya kuti, uxa umoya
okohlakeleyo KATIXO apezu kwako, iya
kwandula ibete ngesandhla sayo, wauya
kulunga. 17 Waza u-Saule wati kuzo izi-
caka zake : Kanindikangelele indoda elu-
ngisayo ukubeta, niyizise kumi. 18 Sape-
ndula esinye sezicaka, sati : Bona ke,
ndibonile unyana ka-Jese um-Beteleheme,
owaziyo ukubeta, oligora eliburoti, nendo-
da yokulwa, neciko lokuteta, nendoda ene-
wonga ; kanjalo UYEHOVA unaye. 19 Ngako
u-Saule watuma izigidimi ku-Jese, wati :
Tuma kumi u-Davide unyana wako, osezi-
gusheni. 20 Wandula u-Jese watabata
iqwarashe linesonka, nentsuba yeveyine,
netakane lebokwe, wazituma ngesandhla
sika-Davide, unyana wake, ku-Saule. 21
Wasuka u-Davide weza ku-Saule, wema
pambi kwake ; waza watandwa nguye ka-
kulu, waba ngumtwali wake wezixobo.
22 Wabuya u-Saule watuma ku-Jese, esiti :
Makati ke u-Davide eme pambi kwami ;
ngokuba efumene ufefe emehlweni ami.
23 Kwaye kute, akuba umoya *okohlakeleyo*
KATIXO ebepezu kwo-Saule, wandula u-Da-
vide watabata uhadi, walubeta ngesandhla
sake ; wada u-Saule womelela, walunga
nokulunga, wati umoya okohlakeleyo we-
mka kuye.

17 KEKALOKU ama-Filistiya ahlanga-
nisa imikosi yawo kuliwe, ahlangani-
sana e-Soko yakwa-Juda, aya ati waca
pakati kwe-Soko ne-Hazeka, e-Epese-dami-
me. 2 Kanjako kwahlanganisana u-Saulo
namadoda akwa-Sirayeli, baya bati waca
emhlanjeni wemikoba, bazicwangcisa uku-



University of Fort Hare

lwa ngakuwo ama-Filistiya. 3 Ati ama-
Filistiya ema ngasentabeni ngelicala, na-
ma-Sirayeli ema ngasentabeni ngeliya
icala, isihlambo sipakati kwawo.

4 Kwaza kwapuma emnqubeni wama-
Filistiya indoda engumlamli, ebingu-Goli-
yate igama layo, eyase-Gate, ebude bayo
bebuzikubite ezintandatu zinesoluko sesa-
ndhla. 5 Yabinomnqwazi wobedu pezu
kwenkloko yayo, ivatisiwe ngehempe yen-
tsimbi ebukwetura; nokuba uzima kwayo
ihempe yentsimbi, ibizishekele zobedu ezi-
mawakamahlanu. 6 Yabinebrukwe yobedu
emilenzeni yayo, nomkonto wobedu pakati
kwamagxalaba ayo. 7 Uluti lwentshu-
ntshe yayo belunjengomti wabaluki; nen-
tsimbi yentshuntshe yayo ibiyeyeshekele
ezingamakulu matandatu zesincete; waye
umtwali wekaka ehamba pambi kwayo.
8 Yati ke yona yema yabiza emabandhleni
ama-Sirayeli, yati kuwo: Kunganina uku-
ba nipumile ukuza kuziewangcisa ukulwa?
andinguye na um-Filistiya, nani anizizica-
ka zika-Saule na? zinyuleleni indoda, ize
ihlele kumi. 9 Ukuba ingalwa nami, indi-
bulale, sesiya kuba zizicaka zenu; kodwa
ukuba ndiyoyisa yona, ndiyibulale, seniya
kuba zizicaka zetu, nisikonze. 10 Waza
wati um-Filistiya lowo: Ndiyagxeka
namhla nje amabandhla ama-Sirayeli;
ndinikeni indoda, ukuze silwane. 11 Bati
bakuva u-Saule nawo onke ama-Sirayeli
lamazwi om-Filistiya, bandula betuswa,
boyika kakulu.

12 Kekaloku u-Davide ebengunyana
walom-Eferata wase-Beteleheme-juda, oga-
ma belingu-Jese; owabenonyana abasibo-
zo: kanjalo indoda leyo, emihleni ka-
Saule, yahlala ilixego pakati kwabantu.
13 Baya onyana abatatu baka-Jese abakulu,
bamlandela u-Saule ukuya ekulweni: na-
magama onyana bake abatatu ababesiya
ekulweni, ngu-Eliyabe owamazibulo, no-
wesibini wake u-Abinadabi, nowesitatu u-
Shama: 14 waye u-Davide wayengomnci-
nane: bati abakulu abo abatatu bamlandela
u-Saule. 15 Kodwa u-Davide wemka wa-
buya ku-Saule, ukuya kuzalusa igusha zo-
yise e-Beteleheme. 16 Wati um-Filistiya
lowo wasondela kusasa nangokuhlwa, wa-
zimisa *kona* imihla yamashumi mane.
17 Waza u-Jese wati ku-Davide unyana
wake: Batabatele ke abakuluwe bako
iyefa yalamaqashu, nezizonka ezilishumi,
ugidime uye emnqubeni kubakuluwe bako;
18 nezizonka zamasi ezilishumi uzise kuyo
inkosi yewaka, nabakuluwe bako uye ku-
babona ukuba kunjanina ukupila kwabo,
nombambiso wabo uwutabate. 19 Keka-
loku u-Saule, nabo bona, nawo onke ama-
doda akwa-Sirayeli, bebesemhlanjeni we-
mikoba, besilwa nama-Filistiya.

20 Wandula u-Davide wavuka kusasa,
wazishiya igusha kumlindi, watabata,
wahamba, njengokuba u-Jese ebemyalele;
wada wafika eludongeni lwennqwelo, uxa
impi ibipuma ngamabandhla, nanxa kwame-
mezelwa ukulwa: 21 ngokuba ama-Sirayeli
nama-Filistiya ebeewangcisile ibandhla
ngakulo ibandhla. 22 Wasuka u-Davide
washiya impahla ezikuye ezandhleni zom-
lindi wempahla, wagidimela ngasemaba-
ndhleni, weza wabuza abakuluwe bake uku-
pila kwabo. 23 Nxa abeteta nabo, nantsi
indoda engumlamli inyuka, egama beli-
ngu-Goliyate, um-Filistiya wase-Gate,
ivela emabandhleni ama-Filistiya, eyateta
njengalamazwi: weva ke u-Davide. 24 Aza
onke amadoda akwa-Sirayeli, akubona lo-
ndoda, abaleka ebusweni bayo, oyika ka-
kulu. 25 Kanjalo amadoda akwa-Sirayeli
ati: Niyibonile na lendoda enyukileyo?
ngokuba inyukile ukuza kugxeka o-Sira-
yeli: kwakuya kuti, leyondoda eyibulala-
yo, ukumkani uya kuyityebisa ngobutyebi
obukulu, ayinike intombi yake, ayenze
indhlu yoyise ibe ikululekile.

26 Waza u-Davide wateta kumadoda
abemi ngakuye, esiti: Kuya kwenzwa 'nto
nina kulondoda ebulalayo lom-Filistiya,
nesusayo ihlazo kwa-Sirayeli? ngokuba
engubanina lom-Filistiya ongalukileyo,
ukuba agxeke amabandhla KATIXO ohleliyo?
27 Batsho abantu kuye njengelozwi, besi-
ti: Kuya kwenziwa njalo kulondoda em-
bulalayo. 28 Waza u-Eliyabe, umkuluwe
wake omkulu, weva akuteta kulomadoda;
yandula yavuta ingqumbo ka-Eliyabe nga-
kuye u-Davide, wati: Yinina ukuba uhlele
apa? kanjalo uzishiyile kubanina ezogusha
zimncinane enklango? ndiyazi mina iratshi
lako, nenkohlakalo yenkliziyo yako; ngo-
kuba uhlile, ukuze ubone ukulwa. 29 Wa-
yesiti u-Davide: Yinto nina endiyenzileyo
kaloku? ilizwi belingenjalo na? 30 Waza
washenxa kuye wabeka komnye, wateta
njengelozwi; bati abantu babuya bampe-
ndula njengelizwi lokuqala.

31 Kwati kwakuviwa amazwi abewateta
u-Davide, andula axelwa ebusweni buka-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Saule, *owatuma* wamtabata. 32 Waza u-
Davide wati ku-Saule: Makungawi inkli-
ziyo yomntu ngennxa yake; isicaka sako
siya kuya silwe nalom-Filistiya. 33 Koko
u-Saule wati ku-Davide: Akungeye nga-
kuye lom-Filistiya ukulwa naye; ngokuba
wena ungumfana, kodwa yena uyindoda
yokulwa kwa sebutsheni bake. 34 Wa-
ndula u-Davide wati ku-Saule: Isicaka
sako besisalusa igusha zoyise waso; kwa-
ye kufika ingonyama, nebere, ebisusa igu-
sha emhlambini; 35 ndaza ndapuma emva
kwayo, ndayibeta, ndayisindisa emlonyeni
wayo; nanxa ibisukela ngakumi, ndayiba-
mba ngodevu lwayo, ndayibeta, ndayibula-
la. 36 Isicaka sako sabeta nengonyama
nebere; nalom-Filistiya angalukileyo yena
uya kuba njengenye kwezo; ngokuba
egxekile amabandhla KATIXO ohleliyo.
37 Wati kanjalo u-Davide: UYEHOVA, owa-
ndisindisa enqineni lengonyama nasenqi-
neni lebere, kwa yena wondisindisa esa-
ndhleni salom-Filistiya. Waza u-Saule
wati ku-Davide: Yiya, wanga UYEHOVA
angako nawe!
38 Waye u-Saule wamvatisa u-Davide
ngezivato zake, wabeka umnqwazi wobedu
enklokweni yake; wamvatisa ngehempe
yentsimbi kanjalo. 39 Waza u-Davide
wabinqa irele lake pezu kwezivato zake,
wafuna ukuhamba, ngokuba ebengalilinga-
nga. Wandula u-Davide wati ku-Saule:
Andingeye nezizinto, ngokuba ndingazili-
nganga. Ngako u-Davide wazisusa kuye.
40 Waza watabata induku yake esandhleni
sake, wazinyulela amatye abutelezi ama-
hlanu emlanjaneni, wawabeka ennxoweni
yabalusi abenayo, kwa sesidhleni; kanjako
isisaulo sake besisesandhleni sake: waya
wasondela kum-Filistiya lowo. 41 Wasuka
wahamba um-Filistiya, wamana esondela
ku-Davide; yati indoda etwele ikaka *ya-
hamba* pambi kwake.
42 Wati um-Filistiya akukangela, wam-
bona u-Davide, wamdela: ngokuba ebe-
ngumfana, ebomvura, emhle ukubonakala
kwake. 43 Waza um-Filistiya wati ku-
Davide: Ndiyinja na mina, ukuba wena
uyeza kumi ngenduku? Waye um-Filisti-
ya wamqalekisa u-Davide ngotixo bake.
44 Wati um-Filistiya kanjako ku-Davide:
Yiza kumi, ndandiya kunika innyama
yako kuzo intaka zezulu, nakuzo izilo za-
sendhle.
45 Wandula u-Davide wati kum-Filisti-
ya: Wena uyeza kumi ngerele, nangen-
tshuntshe, nangekaka; kodwa mina ndi-
yeza kuwe egameni LIKAYEHOVA wemikosi,
UTIXO wamabandhla ama-Sirayeli, lowo
umgxekileyo: 46 namhla nje UYEHOVA
wokunikela esandhleni sami; ndandiya
kukubeta, ndisuse inkloko yako kuwe, ndi-
nike izidumbu zomkosi wama-Filistiya
namhla nje kuzo intaka zezulu, nakuwo
amaramnewa omhlaba; ukuze umhlaba
wonke wazi ukuba uko UTIXO kwa-Sirayeli:
47 kanjalo wonke lomhlambi wokwazi
ukuba UYEHOVA akasindisi ngerele nangen-
tshuntshe; ngokuba ukulwa kukoKUKAYE-
HOVA, oya kuninikela esandhleni setu.
48 Kwaza kwati, wesuka um-Filistiya,
wahamba, wasondela ukumkaulela u-Da-
vide; wandula u-Davide wanxama, wagi-
dimela ngasemabandhleni ukuya kumkau-
lela um-Filistiya. 49 Waye u-Davide
wafaka isandhla sake ennxoweni, wasusa
kona ilitye, walisaula, wabeta um-Filistiya
ebunzini lake; lati ilitye latshona ebunzi-
ni lake, wawa yena ebusweni bake ngasem-
hlabeni. 50 Kwa njalo u-Davide wame-
yisa um-Filistiya ngesisaulo nangelitye,
wambeta um-Filistiya, wambulala; kodwa
bekungeko irele esandhleni sika-Davide.
51 Waza u-Davide wagidima, wema pezu
kwom-Filistiya, watabata irele lake, wali-
rola esinxobeni salo, wambulala, wanqu-
mla ngalo inkloko yake.
Kekaloku akubona ama-Filistiya ukuba
igora lawo lifile, abaleka. 52 Andula
esuka amadoda akwa-Sirayeli nawakwa-
Juda, amemeza, aputuma ama-Filistiya,
kude kwafikwa esihlanjeni, nakude kwase-
masangweni ase-Hekrone. Zati innxwe-
lera zama-Filistiya zawa endhleleni yase-
Sharayime, kwa kude kwase-Gate, nakude
kwase-Hekrone. 53 Lwada usapo luka-
Sirayeli lwabuya ekugxotiseni ama-Fili-
stiya, lwapanga iminquba yawo. 54 Waza
u-Davide watabata inkloko yom-Filistiya,
wayizisa e-Yerusaleme; kodwa izixòbo za-
ke wazibeka ententeni yake.
55 Nxa ke u-Saule abembona u-Davide
epumela ngakuye um-Filistiya, wati ku-
Abenere, inkosi yomkosi: Ungunyana ka-
banina lomfana, Abenere? Wayesiti u-
Abenere: Bomi bompefumlo wako, ku-
mkani! andimazi. 56 Waza wati uku-
mkani: Buza wena ingunyana kabanina
indodana le. 57 Wati akuba u-Davide
ebebuya ekubulaleni um-Filistiya, u-Abe-



University of Fort Hare

nere wamtabata, wamzisa ebusweni buka-
Saule, enenkloko yom-Filistiya esandhleni
sake. 58 Waza u-Saule wati kuye: Ungu-
nyana kabanina, mfanandini? Wayesiti
u-Davide: Ndingunyana wesicaka sako u-
Jese um-Beteleheme.

18 Kwaye kute, akuba egqibile ukuteta
ku-Saule, wandula umpefumlo ka-Jo-
natane wanxityelelwa empefumlweni ka-
Davide; waye u-Jonatane wamtanda nje-
ngompefumlo wake. 2 Waza u-Saule wam-
tabata ngomhla lowo, engamvumeli ukuba
abuyele endhlwini yoyise. 3 Wandula
u-Jonatane wenza ucebano no-Davide, ngo-
kuba ebemtanda njengompefumlo wake:
4 wati kanjalo u-Jonatane wazihluba ingu-
bo ebikuye, wayinika ku-Davide, nezivato
zake, kwa nerele lake, nesipeta sake, no-
qwemesha lwake.

5 Waye u-Davide wapumela apo asuku-
ba u-Saule ebemtumela kona, wenza ngo-
bulumko; waza u-Saule wambeka pezu
kwamadoda okulwa; waekolekile emehlwe-
ni abantu bonke, nasemehlweni ezicaka
zika-Saule kanjako.

6 Kwaye kute ekufikeni kwabo, nxa u-
Davide abebuya ekubulaleni um-Filistiya,
kwapuma abafazi kuzo zonke izixeko
zakwa-Sirayeli, ngokuvuma nangemidudo,
ukuya kumkaulela u-Saule ukumkani,
ngentambula, *na*ngovuyo, nangeziculiso.
7 Baza abafazi bapendulana ekudhlaleni
kwabo, bati: u-Saule ubulele amawaka ake,
kodwa u-Davide amawaka ake alishumi.
8 Wandula u-Saule waqumba kunene,
ngokuba belibi emehlweni ake ilizwi elo;
wayesiti: Banikile ku-Davide amawaka
alishumi, kanti kumi banikile amawaka
*odwa*; kuseko *ukunikwa* kuye ubukumkani
kupela. 9 Waye u-Saule enomona ngakuye
u-Davide, kwa semhleni lowo nangasemva
kwawo.

10 KWABEKUTE ngomhla olandelayo,
ukuba umoya okohlakeleyo KATIXO wam-
zuma u-Saule, wada waprofitesha pakati
kwendhlu; waza u-Davide wabeta *uhadi*
ngesandhla sake, njengakweminye imihla:
kekaloku bekuko intshuntshe esandhleni
sika-Saule. 11 Wasuka u-Saule wabinza
ngentshuntshe, wati: Ndiya kumbetela u-
Davide kwa seludongeni; kodwa u-Davide
wapepa ebusweni bake kabini.

12 Wandula u-Saule wamoyika u-
Davide, ngokuba UYEHOVA enaye, kanti
ebemkile ku-Saule. 13 Ngako u-Saule
wamshenxisa kuye, wammisa abe yinkosi
yake yewaka; waza wapuma wangena pa-
mbi kwabantu. 14 Kekaloku u-Davide
wenza ngobulumko kuzo zonke indhlela
zake; waye UYEHOVA enaye. 15 Wati
u-Saule akubona ukuba u-Davide wenza
ngokulumkileyo kakulu, wamoyika. 16
Kodwa bonke o-Sirayeli no-Juda bamtanda
u-Davide, ngokuba wapuma wangena ebu-
sweni babo.

17 Waza u-Saule wati ku-Davide: Na-
nku u-Merabi, intombi yami enkulu, endi-
ya kumnika kuwe abe ngumfazi; kupela
ube ngunyana woburoti kumi, ulwe imfa-
zwe ZIKAYEHOVA. Ngokuba u-Saule ebe-
siti: Masingabi ngakuye isandhla sami,
masibe ngakuye isandhla sama-Filistiya.
18 Koko u-Davide wati ku-Saule: Ndi-
ngubanina mina? buyinto nina nobomi
bami? *siyinto nina* isizalwane sobawo kwa-
Sirayeli, ukuba ndibe ngumyeni kukumka-
ni? 19 Kwaye kute kodwa ngexesha
abeya kunikwa u-Merabi, intombi ka-Saule,
ku-Davide, wanikwa yena ku-Hadriyeli,
um-Mehola, abe ngumfazi.

20 Waza u-Mikali, intombi ka-Saule,
wamtanda u-Davide; kwati kwakuxelwa
ku-Saule, yabifanele londawo emehlweni
ake. 21 Wayesiti u-Saule: Ndiya kumni-
ka yena, ukuba abe ngumgibe kuye, no-
kuba isandhla sama-Filistiya sibe ngakuye.
Ngako u-Saule wati ku-Davide: Uya kuba
ngumyeni kumi namhla ngowesibini. 22
Waye u-Saule wayalela izicaka zake, *wati:*
Tetani ku-Davide ngasese, nisiti: Bona
ke, ukumkani ukolisiwe nguwe, nazo zo-
nke izicaka zake ziyakutanda; ngako ka-
loku yiba ngumyeni kuye ukumkani.
23 Zaza izicaka zika-Saule zateta lamazwi
ezindhlebeni zika-Davide. Wayesiti u-
Davide: Kuyinto elula emehlweni enu
na ukuba ngumyeni kukumkani, ndiyin-
doda elihlwempu nedelekileyo nje? 24
Zaza izicaka zika-Saule zamxelela, zisiti:
Njengalamazwi wateta u-Davide. 25 Wa-
ndula u-Saule wati: Niya kutsho ku-
Davide ukuti: Ukumkani akanyamekeli
ikazi, kodwa ikulu lamajwabu ama-Filisti-
ya, ukuze kupindezelwe ezintshabeni zo-
kumkani. Kanti u-Saule wacinga ukum-
wisa u-Davide ngesandhla sama-Filistiya.
26 Zaza izicaka zake zamxelela u-Davide
lamazwi; kekaloku londawo ibifanele
emehlweni ka-Davide, yokuba abe ngum-



University of Fort Hare
Together in Excellence

yeni kukumkani: kodwa imihla ibinge-
kazalisekile: 27 ngako wesuka u-Davide
waya, yena namadoda ake, wabulala ama-
doda angamakulu mabini pakati kwama-
Filistiya; wati u-Davide wazisa amajwa-
bu awo, baza bawanika ngelonani lonke
kukumkani, ukuba abe ngumyeni kuye
ukumkani. Wandula u-Saule wamnika u-
Mikali, intombi yake, abe ngumfazi.
28 Waye u-Saule wabona, wakwazi,
ukuba UYEHOVA uno-Davide; kanjalo u-
Mikali, intombi ka-Saule, wamtanda u-
Davide. 29 Waza walekela u-Saule ukum-
oyika u-Davide ngakumbi; wati u-Saule
waba lutshaba luka-Davide imihla yonke.
30 Zandula zapuma inkosi zama-Filistiya:
kwaye kute, nxa sukuba zipumile, u-Da-
vide wenza ngobulumko pezu kwazo zonke
izicaka zika-Saule, lada igama lake lanco-
nywa kakulu.

19 WADA u-Saule wateta ku-Jonatane
unyana wake, nakuzo zonke izicaka
zake, ukuba bamfise u-Davide. Kodwa u-
Jonatane, unyana ka-Saule, wakoliswa
ngu-Davide kakulu: 2 waza u-Jonatane
wamxelela u-Davide, esiti: u-Saule, uba-
wo, uyafuna ukukufisa; ngako kaloku zi-
lumkele ke kwakusa, uhlale endaweni efi-
hlakeleyo, uzimele: 3 sendiya kupuma
mina, ndime ngasesandhleni sobawo en-
dhle, apo wena ukona; ndandiya kuteta
kubawo ngawe; nento endiyibonayo, ndo-
yixela kuwe.
4 Waye u-Jonatane wateta okulungileyo
ngaye u-Davide ku-Saule uyise, wati kuye:
Makangoni ukumkani ngakuso isicaka
sake, ngakuye u-Davide; ngokuba engona-
nga ngakuwe, nangokuba izenzo zake kuwe
zilungile kakulu: 5 ngokuba ebebeka
ubomi bake esandhleni sake, wambulala
um-Filistiya lowo, wati UYEHOVA wenzela
o-Sirayeli bonke usindiso olukulu: ubulu-
bona wena, wavuya nokuvuya: yinina
ngoko ukuba uya kwona ngakulo igazi
elingenatyala, ngokumfisa u-Davide ku-
ngeko 'nto? 6 Waza u-Saule wapulapula
ilizwi lika-Jonatane; kanjalo wafunga u-
Saule *ngokuti: Njengokuba* UYEHOVA ehleli,
akayi kufiswa! 7 Wasuka u-Jonatane
wambiza u-Davide; wati u-Jonatane wam-
xelela lamazwi onke. Waza u-Jonatane
wamzisa u-Davide ku-Saule, owabako ebu-
sweni bake njengapambili.
8 Kwabuya kwabako imfazwe: wandula
wapuma u-Davide walwa nama-Filistiya,
wawabulala ngesibulalo esikulu; ada aba-
leka ebusweni bake.
9 Kekaloku umoya okohlakeleyo KAYE-
HOVA waba pezu kwo-Saule, nxa abehleli
endhlwini yake, enentshuntshe yake esa-
ndhleni sake; waye u-Davide wabeta *uha-
di* ngesandhla. 10 Waza u-Saule wafuna
ukumbetela u-Davide ngentshuntshe kwa
seludongeni; kodwa wanyebeleza ebuswe-
ni buka-Saule, owabetela intshuntshe elu-
dongeni; wati u-Davide wabaleka, wasinda
ngobobusuku. 11 Wandula u-Saule watu-
ma izigidimi ukuya endhlwini ka-Davide,
zimlinde, zimfise kwakusa: koko u-Mikali,
umfazi wake, wamxelela u-Davide, esiti:
Ukuba akusindisi ubomi bako ngobubusu-
ku, ngomso uya kufiswa. 12 Waza u-Mi-
kali wamhlisa u-Davide ngefenstile; wa-
hamba ke, wesaba, wasinda. 13 Wandula
u-Mikali watabata iterafi, wayibeka ema-
ndhlalweni, wabeka umqamelelo *woboya*
bebokwe ngasenklokweni yayo, wayigubu-
ngela ngengubo. 14 Kekaloku akutuma
u-Saule izigidimi, zize zimtabate u-Davide,
wati: Uyafa yena. 15 Wabuya u-Saule
watuma izigidimi ukuba zimbone u-Davide,
esiti: Nimnyusele kumi emandhlalweni,
ndimfise. 16 Kwati kwakungena izigidi-
mi, nantsi ke iterafi emandhlalweni, nom-
qamelelo *woboya* bebokwe ngasenklo-
kweni yayo. 17 Waza u-Saule wati ku-
Mikali: Yinina ukuba wenje njalo uku-
ndibukuqa, undulule nje utshaba lwami,
lusinde? Wayesiti u-Mikali ku-Saule:
Yena wati kumi: Ndindulule; yinina
ukuba ndikufise?
18 Kwa njalo u-Davide wesaba, wasi-
nda, weza ku-Samyali e-Rama, wamxelela
konke abekwenzelwe ngu-Saule. Wahamba
yena no-Samyali, baya bahlala e-Nayote.
19 Kwaza kwaxelwa ku-Saule, kusitwa:
Nankuya u-Davide, e-Nayote ngase-Rama.
20 Wandula u-Saule watuma izigidimi
ukuya kumtabata u-Davide: kwati kwa-
kubonwa umhlambi wabaprofite beprofite-
sha, no-Samyali emi, emisiwe pezu kwabo,
kwabako umoya KATIXO pezu kwezigidimi
zika-Saule, zaye ziprofitesha nazo. 21
Kwakuxelwa ku-Saule, watuma ezinye
izigidimi, zaye ziprofitesha nazo. Walekela
u-Saule watuma izigidimi ngokwesitatu,
zaye ziprofitesha nazo. 22 Wandula waya
naye e-Rama, weza equleni elikulu elise-
Seku, wabuza, wati: Bapina u-Samyali



University of Fort Hare

no-Davide? Kwatiwa: Nabaya, e-Nayote
ngase-Rama. 23 Waza waya kona e-Na-
yote ngase-Rama; wati umoya KATIXO wa-
bako napezu kwake, wahamba, wamana
eprofitesha, wada wafika e-Nayote ngase-
Rama. 24 Wati naye wahluba ingubo
zake, waprofitesha naye ebusweni buka-
Samyali, walala pantsi eba zé ngalommini
yonke nangobobusuku bonke. Ngako oko
kwatiwa: Kanene u-Saule upakati kwaba-
profite naye na?

20 WANDULA u-Davide wesaba e-Na-
yote ngase-Rama, weza wati ebusweni
buka-Jonatane: Iyinto nina endiyenzileyo?
liyinina ityala lami? siyinina nesono sami
ebusweni boyihlo, ukuba uyafuna ubomi
bami? 2 Wayesiti kuye: Makube lé oko!
akuyi kufa. Bona ke, ubawo akenzi into
enkulu umhlaumbi into encinane, angayi-
tyiliyo endhlebeni yami; kunganina ke
ukuba ubawo andifihlele lento? akunjalo.
3 Walekela wafunga u-Davide, wati: Uyi-
hlo uyazi ngennyaniso ukuba ndifumene
ufefe emehlweni ako; ngako ute: Maka-
ngazi oku u-Jonatane, hleze adandateke;
kodwa noko, *njengokuba* UYEHOVA ehleli,
na*njengokuba* umpefumlo wako uhleli, kuko
inyatela linye kupela pakati kwami noku-
fa! 4 Wandula u-Jonatane wati ku-Da-
vide: Into uyitetayo umpefumlo wako,
ndiya kukwenzela yona.
5 Waza u-Davide wati ku-Jonatane:
Bona ke, innyanga iya kutwasa ngomso,
nxa ndifanele ukuhlala nokumkani ngase-
kudhleni; kodwa ndindulule, ukuba ndi-
zifihle ezindhle, kude kuhlwe ngomhla
wesitatu. 6 Ukuba uyihlo uka abone uku-
ngabiko kwami, yandula uti: Wazingisa
u-Davide ukucela kumi, ukuba agidimele
e-Beteleheme, isixeko sakowabo; ngokuba
kuko apo umbingo womnyaka ngomnyaka,
*owenze*lwa isizalwane sonke. 7 Ukuba
utsho ukuti: Kulungile; sesiya kuba no-
xolo isicaka sako: kodwa ukuba unokuqu-
mba kakulu, yazi ke ukuba ububi bugqityi-
we nguye. 8 Ngako yenza ngobubele
kwisicaka sako; ngokuba ungenisile isica-
ka sako elucebanweni LUKAYEHOVA kunye
nawe: noko, ukuba kuko ityala kumi,
ndifise ngokwako, ngokuba kunganina
ukuba undizise kuyihlo?
9 Waza u-Jonatane wati: Makube lé
kuwe, okokuba, nxa bendisazi ngennyaniso
ukuba ububi bugqityiwe ngubawo buze
pezu kwako, bendingayi kuxela bona ku-
we. 10 Waza u-Davide wati ku-Jonatane:
Ngubanina oya kundixelela, ukuba uyihlo
uka akupendule into ngobulukuni? 11 Wa-
ndula u-Jonatane wati ku-Davide: Hamba,
sipume siye ezindhle. Bapuma baya ezin-
dhle bobabini. 12 Waza u-Jonatane wati
ku-Davide: YEHOVA, TIXO wo-Sirayeli!
nxa ndimroronya ubawo ngelixesha ngom-
so, umhlaumbi ngomso 'mnye, kuze kuti,
bona ke, kulungele u-Davide, ndize ndi-
nganduli nditume kuwe, ndityile endhle-
beni yako, 13 makenje njalo UYEHOVA ku-
Jonatane, alekele ukwenje njalo! kodwa
ukuba kuyakolisa ubawo *ukuzisa* ububi
pezu kwako, ndiya kwandula ndiyityile
endhlebeni yako, ndikundulule, ukuba u-
hambe ngoxolo: wanga UYEHOVA angako
nawe, njengokuba ebeko nobawo. 14 Ka-
njalo akuyi kundenzela ububele BUKAYEHO-
VA nxa ndisahleli kupela, ukuze ndingafi;
15 kodwa akuyi kunqamla ububele bako
kuyo indhlu yami kude kube ngunapakade;
hai, nanxa UYEHOVA anqamlile intshaba zika-
Davide zonke ebusweni bomhlaba. 16 Wa-
za u-Jonatane wenza ucebano nendhlu ka-
Davide, *esiti:* Makabize UYEHOVA esandhle-
ni sentshaba zika-Davide! 17 Walekela
u-Jonatane ukumfungisa u-Davide, ngen-
nxa yokumtanda kwake; ngokuba ebem-
tanda ngokutanda kwompefumlo wake.
18 Wandula u-Jonatane wati ku-Davide:
Ngomso innyanga iya kutwasa; kwakuya
kubonwa ukuba akuko, ngokuba isihlalo
sako soba zé. 19 Ngako ngomhla wesitatu
uya kuhla kamsinyane, uye kulondawo apo
wazifihla kona ngomhla walomsebenzi,
uhlale ngaselityeni le-Ezele. 20 Nami,
ndiya kutola intolo ezintatu ngasecaleni,
njengokungati ndibo nditola emlinga-
nisweni. 21 Kekaloku bona ke, ndiya
kutuma umfana, *ndisiti:* Hamba, uzifune
intolo. Ukuba nditi ekuhleni kumfana:
Nanzi intolo zinganeno kwako, zitabate;
wandule uze, ngokuba kuko uxolo kuwe,
kungeko 'nto, *njengokuba* UYEHOVA ehleli.
22 Kodwa ukuba nditsho kwindodana u-
kuti: Nanziya intolo ngasele kwako; ha-
mba ke, ngokuba UYEHOVA ekundulule.
23 Nalonto esibe siteta mina nawe ngayo,
bona ke, UYEHOVA makabe pakati kwami
nawe kude kube ngunapakade.
24 Waya u-Davide wazifihla ezin-
dhle: kwati kwakutwasa innyanga, wa-
ndula ukumkani wahlala ngasekudhleni



University of Fort Hare
Together in Excellence

ukuba atye. 25 Wati ukumkani wahlala
esihlalweni sake, njengakuwo amanye
amaxesha, esihlalweni saseludongeni; we-
suka ke u-Jonatane, waza u-Abenere wa-
hlala ngasecaleni lika-Saule, kodwa indawo
ka-Davide ibifunyanwa zé. 26 Kekaloku
u-Saule akateta nannye into ngomhla lowo;
ngokuba ebesiti: Uhlelwe yinto; akaco-
cekile, ngennyaniso akacocekile. 27 Kwa-
ye kute ngomnye umhla, ngowesibini
wennyanga etwasileyo, kwakufunyanwa
zé indawo ka-Davide, wandula wati u-
Saule ku-Jonatane unyana wake: Kunga-
nina ukuba unyana ka-Jese akezanga eku-
dhleni nezolo nanamhla? 28 Waza u-Jo-
natane wampendula u-Saule, *wati:* Wazi-
ngisa u-Davide ukucela kumi *ukuba aye*
e-Beteleheme; 29 wayesiti: Ndindulule
ke, ngokuba isizalwane setu sinombingo
esixekweni; kanjalo umkuluwe wami u-
ndiyalele ngokwake: ngako kaloku, uku-
ba ndifumene ufefe emehlweni ako, make-
ndisuke ke, ndiye kubona abakuluwe
bami. Kukona ke angezanga etafileni yo-
kumkani.

30 Yandula yavuta ingqumbo ka-Saule
ngakuye u-Jonatane, wati kuye: Wena
'nyana womfazi ogwenxa ongevayo! anda-
zi na ukuba umnyulile unyana ka-Jese
libe lihlazo lako, nehlazo lobuzé bonyoko?
31 ngokuba yonke imihla unyana ka-Jese
aya kudhla ubomi ngayo emhlabeni, unga-
yi kuqiniswa wena, nobukumkani bako:
ngako kaloku, tuma ke, umtabate eze kumi,
ngokuba emelwe kukufa yena. 32 Wa-
ndula u-Jonatane wampendula u-Saule
uyise, wati kuye: Kunganina ukuba afi-
swe? yinto nina ayenzileyo? 33 Wasuka
u-Saule wambinza ngentshuntshe, ukuba
ambete: ngako u-Jonatane wazi ukuba
bekugqityiwe nguyise ukumbulala u-
Davide. 34 Waza u-Jonatane wesuka
etafileni ngobushushu bengqumbo; waye
engadhli isonka ngomhla wesibini wennya-
nga etwasileyo, ngokuba ebedandateka
ngaye u-Davide, ngokuba uyise ebemhla-
zisile.

35 Kwaye kute kwakusa, wapuma u-
Jonatane waya endhle endaweni yoku-
hlangana no-Davide, umfana omncinane
enaye. 36 Waza wati kumfana wake:
Baleka, uzifune ke intolo endizitolayo.
Nxa umfana abebaleka, watola utolo ukuba
alugqitise kuye. 37 Akufika umfana
endaweni yotolo abelutolile u-Jonatane,
wandula u-Jonatane wabiza emva kwom-
fana, wati: Utolo alungasele kwako na?
38 Wabuya u-Jonatane wabiza emva
kwomfana, *esiti:* Nxama, kauleza, ungemi.
Waza umfana ka-Jonatane wabuta intolo,
weza enkosini yake. 39 Kodwa umfana
ebengazi 'nto: ngu-Jonatane no-Davide
abebesazi londawo kupela. 40 Waza u-
Jonatane wanika izixobo zake kumfana
obenaye, wati kuye: Hamba, uzise esixe-
kweni.

41 Nxa umfana abemkile, wesuka u-
Davide ecaleni lesuyide, wawa ngobuso
bake ngasemhlabeni, wazitoba katatu:
baza bangana, balilana omnye nomnye,
ade u-Davide enze kakulu. 42 Wayesiti
u-Jonatane ku-Davide: Hamba ngoxolo;
ngokokuba sifungile sobabini egameni LI-
KAYEHOVA, sisiti: UYEHOVA makabe pakati
kwami nawe, napakati kwenzalo yami
nenzalo yako, kude kube ngunapakade!
Waselesuka wemka; wati u-Jonatane
wangena esixekweni.

21 WANDULA weza u-Davide e-Nobe
ku-Ahimeleki umperisite: waye u-
Ahimeleki wamkaulela u-Davide ngoku-
ngcangcazela, wati kuye: Yinina ukuba
uwedwa, ingeko indoda nawe nje? 2 Wa-
za u-Davide wati ku-Ahimeleki umperi-
site: Ukumkani undiyalele umcimbi, wati
kumi: Makungaziwa 'mntu nannye into
yalomcimbi endikutumileyo ngawo, nendi-
kuyalele wona; kanjalo amadodana ndiwa-
nqopisele indawo etile. 3 Ngako kaloku,
yinto nina epantsi kwesandhla sako? ni-
kela izonka ezihlanu esandhleni sami,
umhlaumbi oko kusukuba kuko. 4 Waza
umperisite wampendula u-Davide, wati:
Akuko isonka esingengcwele pantsi kwe-
sandhla sami, kuko kodwa isonka esi-
ngcwele, ukuba amadodana azigcinile eba-
fazini kupela. 5 Waza u-Davide wampe-
ndula umperisite, wati kuye: Ngennyani-
so abafazi babanjiwe kuti izolo nezolo
elinye, nxa ndapumayo; kanjalo izitya za-
madodana zingcwele; neso sesingati *sisonka*
esingengcwele, nangokukodwa nxa siya
kungcwaliswa namhla *esinye* esityeni. 6
Waza umperisite wamnika *isonka* esi-
ngcwele; ngokuba bekungeko kona isonka
ngapandhle kwezonka zokubonakala, ezibe
zisuswa pambi KWOYEHOVA, ukuze kubekwe
isonka esifudumeleyo ngomhla wokususwa
kwazo. 7 (Kwaye kuko kona indoda ezi-



University of Fort Hare

cakeni zika-Saule ngalomhla, ebibanjeze-
lwa pambi KWOYEHOVA, egama belingu-
Dowegi, um-Edome, inkosi yabalusi aba-
*lunge* ku-Saule.) 8 Wati u-Davide kanjako
ku-Ahimeleki: Kanene akuko apa na pa-
ntsi kwesandhla sako intshuntshe umhla-
umbi irele? ngokuba ndingatabatanga esa-
ndhleni sami kwa nerele lami nezixobo
zami, ngokuba umcimbi wokumkani ubu-
nxamile. 9 Waza wati umperisite: Irele
lika-Goliyate um-Filistiya, obumbulala
emhlanjeni wemikoba, nali lilapa, lisongi-
we engutyeni emva kweyefodi: ukuba
uya kuzitabatela lona, litabate; ngokuba
lingeko limbi ngapandhle kwalo. Wayesiti
u-Davide: Akuko elinjengelo; linike ku-
mi.

10 Wesuka ke u-Davide, wesaba ngalo-
mhla ebusweni buka-Saule, waya ku-Aki-
she ukumkani we-Gate. 11 Zaza izicaka
zika-Akishe zati kuye: Lo asi nguye na
u-Davide, ukumkani welizwe? abavuma-
nga ngaye na emidudweni, besiti: u-
Saule ubulele amawaka ake, kodwa u-Da-
vide amawaka ake alishumi? 12 Waye
u-Davide wabekela lamazwi enkliziyweni
yake, woyika kakulu ngennxa ka-Akishe
ukumkani we-Gate. 13 Ngako wayenza
yimbi ingqondo yake emehlweni abo, wa-
zenzisa igeza ezandhleni zabo, warwela
pezu kwengcango zesango, wahlisela amate
ake eludevini lwake. 14 Waza u-Akishe
wati kuzo izicaka zake: Kangelani, niya-
bona lendoda ukuba iyageza; yinina uku-
ba niyizisile kumi? 15 ndinokuswela
abagezayo na, ukuba nimzisile lo ageze
pambi kwami? uya kuza lo endhlwini ya-
mi yinina?

22 Wandula u-Davide wemka kona, wa-
sindela emqolombeni we-Hadulame:
bati bakuva *oko* abakuluwe bake nayo
yonke indhlu yoyise, behlela kuye apo.
2 Kanjalo kwazihlanganisela kuye onke
amadoda abeseluxinezelweni, nawo onke
amadoda abenetyala, nawo onke amadoda
ampefumlo urara; waza waba yinkosi pezu
kwawo: kwaye kuko naye anga angama-
kulu mane amadoda.

3 Wasuka u-Davide wemka kona waya
e-Mitsipe yase-Mowabi; wayesiti kuku-
mkani we-Mowabi: Mabapume ke ubawo
nomá babe nani, ndide ndazi into endiya
kwenzelwa yona NGUTIXO. 4 Waza waba-
kapela ebusweni bokumkani we-Mowabi:
baza bahlala naye yonke imihla u-Davide
abesennqatyeni. 5 Koko umprofite u-Gadi
wati ku-Davide: Ungahlali ennqatyeni;
hamba, uye ezweni lakwa-Juda. Wahamba
u-Davide waya ehlatini le-Harete.

6 KEKALOKU akuva u-Saule ukuba u-
Davide wazekile, namadoda abenaye, (wa-
ye u-Saule ehleli e-Gibeha pantsi kwomti
wetamariske e-Rama, enentshuntshe
esandhleni sako, nazo zonke izicaka zake
zimi ngakuye,) 7 wandula wati u-Saule
kuzo izicaka zake ezibe zimi ngakuyo:
Yivani ke, nina 'ma-Benjamine! unyana
ka-Jese wonimika nina nonke na amasimi
nezitiya zemiti yeveyine? wonenza nina
nonke na inkosi zamawaka nenkosi zama-
kulu, 8 ukuba nina nonke nicebile nga-
kumi, nokuba akuko namnye otyilayo
endhlebeni yami ukuba unyana wami
wenzile ucebano nonyana ka-Jese, no-
kuba akuko namnye kuni obuhlungu
ngennxa yami, notyilayo endhlebeni ya-
mi ukuba unyana wami uvusile isicaka
sami ngakumi sibe ngumlaleli, njengokuba
*kunjalo* namhla nje?

9 Wandula wapendula u-Dowegi um-
Edome, obemisiwe pezu kwezicaka zika-
Saule, wati: Ndabona unyana ka-Jese
esiza e-Nobe, ku-Ahimeleki unyana ka-
Ahitube; 10 owambuzela KUYEHOVA, wam-
nika umpako; nerele lika-Goliyate um-
Filistiya walinika kuye.

11 Wandula ukumkani watuma ukum-
biza u-Ahimeleki, unyana ka-Ahitube,
umperisite, nayo yonke indhlu yoyise,
abaperisite ababese-Nobe: basuka beza
bonke kukumkani. 12 Waza u-Saule
wati: Yiva ke, nyana ka-Ahitube! Wa-
yesiti: Nanku ndi*lapa*, nkosi yami! 13
Waza u-Saule wati kuye: Yinina ukuba
nicebile ngakumi, wena nonyana ka-Jese,
ekokubeni umnikile isonka nerele, wambu-
zela KUTIXO, ukuze avukele ukundilalela,
njengokuba *kunjalo* namhla nje? 14 Wa-
ndula u-Ahimeleki wampendula ukumkani,
wati: Ngubanina pakati kwazo zonke izi-
caka zako onyanisekileyo njengo-Davide,
ongumyeni kukumkani, ongenayo ekuve-
ni kwako, obekekileyo endhlwini yako?
15 Kunamhla nje na endiqalileyo ukum-
buzela KUTIXO? makube lé oko kumi!
makangati ukumkani abeke ityala pezu
kwesicaka sake, *na*pezu kwayo yonke
indhlu kabawo; ngokuba isicaka sako be-
singazani nako konke oku, *nokuba* yinto



University of Fort Hare
Together in Excellence

ennciname, nokuba yenkulu. 16 Kodwa
wati ukumkani: Uya kufa ngennyaniso,
Ahimeleki! wena, nayo yonke indhlu ka-
yihlo. 17 Waza ukumkani wati kumlisela
obumi ngakuye: Sondelani, nibulale aba-
perisite BAKAYEHOVA; ngokuba nesandhla
sabo sino-Davide, nangokuba bebesazi u-
kuba uyasaba yena, kanti akatyilanga *oko*
endhlebeni yami. Kodwa izicaka zoku-
mkani bezingavumi ukwolula isandhla sazo
ukuba ziwele abaperisite BAKAYEHOVA. 18
Ngako ukumkani wati ku-Dowegi: Sondela
wena, ubawele abaperisite. Wasondela ke
u-Dowegi um-Edome, wabawela abaperi-
site, wabulala ngalommini amadoda anga-
mashumi asibozo anamahlanu abevete iye-
fodi yeqiya: 19 ne-Nobe, isixeko sabaperi-
site, wayibeta ngohlangoti lwerele, kwa
amadoda nabafazi, intsapo nentsana; nen-
kabi, namaqwarashe, negusha, *wazibeta*
ngohlangoti lwerele.
20 Kodwa wasinda unyana wamnye ka-
Ahimeleki unyana ka-Ahitube, ogama be-
lingu-Abiyatare, wesabela emva kwo-Da-
vide. 21 Waza u-Abiyatare, wamxelela
u-Davide ukuba u-Saule ubabulele abape-
risite BAKAYEHOVA. 22 Wandula u-Davide
wati ku-Abiyatare: Bendikwazi ngalom-
mini, oko u-Dowegi um-Edome abekona,
ukuba uya kumxelela u-Saule ngennyani-
so: ndimi ozuzisele yonke imipefumlo
yendhlu kayihlo *ukufa*. 23 Hlala nami,
ungoyiki; ngokuba ofuna ubomi bami efu-
na ubomi bako; kodwa woba sekugcinweni
unami.

23 KWAZA kwaxelwa ku-Davide, kusi-
twa: Nanga ama-Filistiya esilwa
ngakuyo i-Kehila, epanga izibaya zokubu-
la. 2 Ngako u-Davide wabuza KUYEHOVA,
esiti: Ndiya kuya na ndibete lama-Filisti-
ya? Waza UYEHOVA wati ku-Davide:
Yiya ubete ama-Filistiya, usindise i-Kehi-
la. 3 Kodwa amadoda ka-Davide ati kuye:
Bona ke, silapa nje kwa-Juda siyoyika;
kangakanani ngakumbi ke, nxa siya ku-
ya e-Kehila ngakuwo amabandhla ama-Fi-
listiya? 4 Wapinda kanjako u-Davide
ukubuza KUYEHOVA. Waye UYEHOVA wam-
pendula, wati: Suka, yihla uye e-Kehi-
la; ngokuba ndiya kunikela ama-Filistiya
esandhleni sako. 5 Waza waya u-Davide
namadoda ake e-Kehila, walwa ngakuwo
ama-Filistiya, watimba inkomo zawo,
wawabeta ngesibulalo esikulu. Kwa
njalo u-Davide wasindisa abemi base-Ke-
hila.
6 Kwaye kute, akusaba u-Abiyatare
unyana ka-Ahimeleki ukuya ku-Davide e-
Kehila, wehla neyefodi esandhleni sake.
7 Kwada kwaxelwa ku-Saule ukuba u-
Davide ufikile e-Kehila. Wayesiti u-
Saule: UTIXO umlahlele esandhleni sami;
ngokuba evalelwe, ngokungena esixekweni
esinengcango nemivalo. 8 Waza u-Saule
wababiza bonke abantu emfazweni, ukuya
kuhlela e-Kehila, ukuvingcela u-Davide
namadoda ake.
9 Kekaloku akwazi u-Davide ukuba u-
Saule ebeqinga ububi ngakuye, waza wati
ku-Abiyatare umperisite: Sondeza iyefodi.
10 Wandula wati u-Davide: YEHOVA, TIXO
wo-Sirayeli! isicaka sako sivile ngennya-
niso ukuba u-Saule uyafuna ukuza e-Kehi-
la, ukusitshabalalisa isixeko ngenxa yami.
11 Baya kundinikela na abemi base-Kehila
esandhleni sake? uya kuhla na u-Saule,
njengokuba isicaka sako sivile? YEHOVA,
TIXO wo-Sirayeli! zusixelele ke isicaka
sako. Wayesiti UYEHOVA: Uya kuhla.
12 Waza wati u-Davide: Abemi base-Ke-
hila baya kunikela na mina namadoda ami
esandhleni sika-Saule? Wayesiti UYEHO-
VA: Baya ku*ku*nikela.
13 Wandula wesuka u-Davide, namado-
da ake, anga angamakulu matandatu, ba-
puma e-Kehila, bahamba apo babenoku-
hamba kona. Kwaza kwaxelwa ku-Saule
ukuba u-Davide usindile e-Kehila; ngako
wayeka ukupuma. 14 Waza u-Davide
wahlala enklango ezinnqatyeni, wahlala
entabeni esenklango ye-Zifi. Waye u-
Saule wamfuna imihla yonke; kodwa UYE-
HOVA akamnika esandhleni sake.
15 Wati u-Davide wabona ukuba u-
Saule upumile ukufuna ubomi bake: waye
u-Davide esenklango ye-Zifi, ehlatini. 16
Kekaloku wesuka u-Jonatane unyana ka-
Saule, waya ku-Davide ehlatini, wasome-
leza isandhla sake KUTIXO. 17 Wayesiti
kuye: Ungoyiki; ngokuba isandhla sika-
Saule ubawo singayi kukufumana; koko
wena uya kuba ngukumkani pezu kwo-
Sirayeli, nami ndiya kuba ngosemva kwa-
ko; kanjako no-Saule ubawo uyazi njalo.
18 Baza bobabini benza ucebano ebusweni
BUKAYEHOVA; wati u-Davide wahlala ehla-
tini, kodwa u-Jonatane waya endhlwini
yake.
19 Bandula benyuka aba-Zifi baya ku-



University of Fort Hare

Saule e-Gibeha, besiti: u-Davide akazifi-
hlanga nati na ezinnqatyeni ehlatini, en-
dulini ye-Hakila, engasesuyide yobala?
20 Ngako kaloku, kumkani! yihla, ngako
konke ukukanuka kwompefumlo wako
ukuhla; nokwetu, siya kumnikela esa-
ndhleni sokumkani. 21 Waza u-Saule
wati: Manitanyusanqelwe nina NGUYE-
HOVA; ngokuba ninenenceba pezu kwami.
22 Kanihambe ke, nibe nisalungisa, nazi
nibone indawo yake, apo unyawo lwake
lukona, *nokuba* ngubanina ombonileyo ko-
na; ngokuba kutshiwo kumi ukuba uyenza
ngobuqinga futi. 23 Ngako bonani, na-
zane nendawo zokuzimela apo azimela
kona, nize nibuyele kumi ninennyaniso,
ndandiya kuhamba nani; kwakuya kuti,
ukuba uko elizweni, sendiya kumfunisela
pakati kwawo onke amawaka akwa-Juda.
24 Baza besuka, bandulela ku-Saule ukuya
e-Zifi.

Kodwa u-Davide namadoda ake bebe-
senklango yase-Mahone, etafeni, ngasesu-
yide yobala. 25 Waya no-Saule nama-
doda ake ukufuna. Kwada kwaxelwa ku-
Davide; ngako wehla eliweni, wahlala
enklango yase-Mahone. Wati u-Saule
akuva *oko*, wamputuma u-Davide enkla-
ngo yase-Mahone. 26 Waye u-Saule ehamba
ngelicala lentaba, no-Davide namadoda
ake ngeliya icala lentaba: waza u-Davide
wanxama ukumka ngennxa ka-Saule; ngo-
kuba u-Saule namadoda ake bebemraula
u-Davide namadoda ake, ukuze bababambe.
27 Koko bekufika isigidimi ku-Saule, si-
siti: Nxama uze; ngokuba ama-Filistiya
egalelekile pezu kwelizwe. 28 Wandula
wabuya u-Saule ekumputumeni u-Davide,
waya ngakuwo ama-Filistiya: kukona lo-
ndawo ibibizwa ngokuti yi-Sela-mahele-
koté. 29 Waza u-Davide wenyuka apo,
waya wahlala ezinnqatyeni zase-Hene-gedi.

24 KWAYE kute, akuba u-Saule ebu-
yile ekulandeleni ama-Filistiya, kwa-
xelwa kuye ngokuti: Nanku u-Davide
enklango yase-Hene-gedi. 2 Wandula u-
Saule watabata amadoda anyuliweyo anga-
mawaka matatu kubo bonke o-Sirayeli,
waya ukumfuna u-Davide namadoda ake
pezu kwelwalwa zamagogo. 3 Wada wa-
fika ezibayeni zegusha ngasendhleleni, apo
ubukona umqolomba; waza wangena u-
Saule ukugubungela innyawo zake. Ke-
kaloku u-Davide namadoda ake bahlala
emacaleni omqolomba. 4 Aza amadoda
ka-Davide ati kuye: Nangu umhla UYE-
HOVA wati ngawo kuwe: Bona ke, ndiya
kunikela utshaba lwako esandhleni sako,
uze wenze kulo njengokulungileyo eme-
hlweni ako. Wesuka u-Davide, watsheca
kakuhle isondo lengubo ka-Saule. 5 Kwa-
ye kute emveni kwoko, ukuba inkliziyo
ka-Davide yambeta, ngennxa yokuba ebe-
tshecile isondo *lengubo* ka-Saule. 6 Wa-
yesiti kumadoda ake: Ubunzima mabube
kumi buvela KUYEHOVA, ukuba ndiyenza
lento kwinkosi yami, kumtanjiswa KAYE-
HOVA, yokuba ndisolule isandhla sami nga-
kuye! ngokuba engumtanjiswa KAYEHOVA
yena. 7 Kwa njalo u-Davide wakalimela
amadoda ake ngamazwi lawo, engawavu-
melanga ukuba asukele ngakuye u-Saule.
Wada u-Saule wesuka emqolombeni, waha-
mba endhleleni.

8 Wesuka no-Davide emveni kwoko,
wapuma emqolombeni, wamemeza emva
kwo-Saule, esiti: Nkosi yami, kumkani!
Wati akukangela u-Saule emva kwake,
watoba u-Davide ngobuso ngasemhlabeni,
waziqubuda. 9 Wayesiti u-Davide ku-
Saule: Yinina ukuba upulapule amazwi
abantu, besiti: Nanku u-Davide efuna ili-
shwa lako? 10 Bona ke, kwa namhla
nje amehlo ako abonile okokuba UYEHOVA
wakunikela namhla esandhleni sami em-
qolombeni; kwaye kutiwa mandikubulale;
kodwa *iliso lami* belinosizi pezu kwako;
ndandisiti: Andiyi kusolula isandhla sami
ngakuyo inkosi yami; ngokuba ingumta-
njiswa KAYEHOVA. 11 Kanjalo, bawo! ka-
ngela, ewe, kangela isondo lengubo yako
esandhleni sami; ngokuba ngokutsheca
kwami isondo lengubo yako, ndingakubu-
lalanga nje, yazi ubone ukuba akuko esa-
ndhleni sami inkohlakalo nesilandu, no-
kuba andonanga ngakuwe; noko wena
uyazingela umpefumlo wami, ukuba uwu-
suse. 12 UYEHOVA uya kugweba pakati
kwami nawe, ewe UYEHOVA uya kundipi-
ndezelela kuwe; kodwa isandhla sami
asiyi kuba ngakuwe; 13 njengokuba usiti
umzekeliso wabakudala: Inkohlakalo iya-
puma kubakohlakeleyo; kodwa isandhla
sami asiyi kuba ngakuwe. 14 Upumile
emva kwobanina ukumkani wo-Sirayeli?
uyaputuma wena emva kwobanina? emva
kwenja efileyo! emva kwentakumba in-
nye! 15 Ngako UYEHOVA makabe ngum-
gwebi, agwebe pakati kwami nawe, abone,



University of Fort Hare
Together in Excellence

apikise upikiso lwami, andikulule esa-
ndhleni sako.
16 Kwaye kute, nxa u-Davide abegqi-
bile ukuteta lamazwi ku-Saule, wandula
u-Saule wati: Lilizwi lako na eli, nyana
wami 'Davide? Waza u-Saule wapaka-
misa ilizwi lake, walila. 17 Wayesiti ku-
Davide: Wena undigqitisile ngobulungi-
sa; ngokuba wena undivuzile ngokulungi-
leyo, kanti mina ndikuvuzile ngokukohla-
keleyo. 18 Kanjako wena uxelile namhla
okokuba undenzele okulungileyo; ekubeni
UYEHOVA ebendiyekelele esandhleni sako,
kodwa akundibulalanga. 19 Ngokuba nxa
indoda ilufumeneyo utshaba lwayo, iya
kulundulula ngendhlela elungileyo na?
Ngako UYEHOVA makabuyekeze kuwe oku-
lungileyo ngennxa yoko ukwenzileyo kumi
namhla nje. 20 Nakaloku, bona ke, ndi-
yazi ngennyaniso ukuba woba ngukumka-
ni, nokuba ubukumkani bakwa-Sirayeli
buya kuma esandhleni sako. 21 Ngako
kaloku ndifungele UYEHOVA ukuba akuyi
kungqamla inzalo yami emva kwami, nokuba
akuyi kutshabalalisa igama lami kuyo in-
dhlu kabawo. 22 Wandula u-Davide wa-
fungela u-Saule. Wasuka u-Saule wago-
duka; kodwa u-Davide namadoda ake
benyukela ennqatyeni.

25 WADA wafa u-Samyali; baza bahla-
nganiswa o-Sirayeli bonke, bamlilela,
bamncwaba endhlwini yake e-Rama.
Wemka u-Davide, wehla waya enklango
ye-Parane. 2 Kwabekuko indoda e-Ma-
hone, emfuyo yayo yabise-Karamele; ka-
njalo indoda leyo ibinkulu kunene; ibine-
gusha ezingamawaka matatu, nebokwe ezi-
liwaka linye: yabisekucebeni igusha zayo
e-Karamele. 3 Igama lalondoda lalingu-
Nabali; negama lomfazi wayo lalingu-
Abigali; yena ebengumfazi ongqondo ilu-
ngileyo, nosimilo sihle; kodwa indoda
ibilukuni, ibikohlakele ngezenzo kanjako;
yabingum-Kalebi yona. 4 Kekaloku u-
Davide weva enklango ukuba u-Nabali
uyaceba igusha zake. 5 Waza u-Davide
watuma abafana abalishumi; wayesiti u-
Davide kubafana abo: Nyukelani e-Kara-
mele, niye ku-Nabali, nibuze egameni
lami ukupila kwake: 6 nize nitsho kohleli
kamnandi ukuti: Uxolo malube kuwe,
uxolo malube nakwindhlu yako, uxolo ma-
lube nakuko konke unako! 7 Sendivile ke
ukuba unabacebi: kekaloku abalusi bako
bebeko nati, asibonanga; kanjako beku-
ngeko nannye into ebalahlekileyo, yonke
imihla abebeko e-Karamele. 8 Buza aba-
fana bako, bokuxelela ke. Ngako mabati
abafana aba bafumane ufefe emehlweni
ako; ngokuba sisiza ngomhla olungileyo:
kannike oko kusukuba sikufumana isa-
ndhla sako kwizicaka zako, nakunyana
wako, ku-Davide. 9 Bati bakufika aba-
fana baka-Davide, bateta ku-Nabali nje-
ngalomazwi onke egameni lika-Davide,
bada bati ewaka. 10 Waza u-Nabali wa-
pendula izicaka zika-Davide, wati: Ngu-
banina u-Davide? ngubanina ke unyana
ka-Jese? kuko namhla izicaka ezininzi
eziqweshayo ezinye ngezinye ezinkosini
zazo: 11 sendiya kutabata na isonka sami,
namanzi ami, nesixèlo sami endisixèleleyo
abacebi bami, ndinike kumadoda endinga-
wazi ukuba angawapina? 12 Bandula
abafana baka-Davide bajikela endhleleni
yabo, babuya, beza bamxelela njengaloma-
zwi onke. 13 Wayesiti u-Davide kuma-
doda ake: Binqani nonke amarele enu.
Abinqa ke amanye ngamanye amarele
awo; no-Davide wabinqa irele lake naye.
Aza enyuka emva kwo-Davide amadoda
anga angamakulu mane; aye amakulu ma-
bini ehleli ngasempahleni.
14 Koko umfana emnye ebafaneni wam-
xelela u-Abigali, umfazi ka-Nabali, esiti:
Bona ke, u-Davide wasusa izigidimi enkla-
ngo ukuza kubulisa inkosi yetu; yaza ya-
zituka. 15 Kodwa amadoda lawo ebelu-
ngile kakulu kuti; besingoniwa, besinga-
lahleki nannye into kanjako, ngayo yonke
imihla besihambana nawo, sakubako ezin-
dhle: 16 ebeludonga kuti nasebusuku
nasemmini, ngayo yonke imihla sibe sinda-
wonye nawo sizalusa igusha. 17 Ngako
kaloku, yazi ubone into uya kuyenza;
ngokuba ububi sebugqityiwe ngakuyo in-
kosi yetu, nangakuyo yonke indhlu yayo:
ngokuba yona ingunyana wobunginingini,
kude kungabi nakutetwa kuyo.
18 Wandula wanxama u-Abigali, watabata
izonka ezimakulu mabini, nentsuba zeveyi-
ne ezimbini, negusha ezilungisiweyo ezin-
klanu, nezilinganiso zamaqashu ezihlanu,
nekulu lezipa zedreyive ezishwenyileyo, na-
makulu mabini amasimba amakiwane, wa-
zibeka pezu kwamaqwarashe. 19 Wayesiti
kuzo izicaka zake: Dhlulani pambi kwa-
mi; nanku mina ndisiza emva kwenu.
Kodwa akayixelela indoda yake u-Nabali.



University of Fort Hare

20 Kwabekute, esakwele pezu kweqwara-
she, esihla ngendawo efihlakeleyo yentaba,
bona ke, u-Davide namadoda ake bebesihla
besiza kumkaulela; waza wahlangana nabo.
21 Kekaloku u-Davide ebete: Ngennya-
niso ndifumane ndagcina konke anako lo
enklango, kwada akwamlahleka nannye
into kuko konke anako: kanjako ubuye-
kezile kumi okukohlakeleyo esikundhleni
sokulungileyo. 22 UTIXO makenje njalo
ezintshabeni zika-Davide, alekele nkwe-
nje njalo, ukuba ndiyashiya kubo bonke
anabo kude kukanye ukusa lowo onobudoda!
23 Wati u-Abigali akubona u-Davide,
wanxama, wahlika eqwarasheni, wawa
ebusweni bake pambi kwo-Davide, wazi-
toba ngasemhlabeni, 24 wawa ngasezinnya-
weni zake, wati: Malibe pezu kwami,
nkosi yami! ityala elo: kanjalo makesi-
tete isicakakazi sako ezindhlebeni zako,
uve amazwi esicakakazi sako. 25 Inkosi
yami maingabeki inkliziyo yayo kulendo-
da yobungingingini, kuye u-Nabali; ngo-
kuba njengegama lake enjalo yena; ngu-
Nabali * igama lake, nobubedengu bukuye:
kodwa mina 'sicakakazi sako, andibonanga
abafana benkosi yami, abo ububatumile. 26
Ngako kaloku, nkosi yami! *njengokuba*
ehleli UYEHOVA, *nanjengokuba* uhleli nompe-
fumlo wako, unguye UYEHOVA okunqandi-
leyo ekuzeni ngegazi, ukuba uzipinde-
zelele ngesako isandhla: ngako kaloku,
mababe njengo-Nabali abazintshaba zako,
nabafunela inkosi yami ububi. 27 Na-
kaloku, elitamsanqa elizisiweyo sisicaka-
kazi sako enkosini yami, makelinikwe
kubo abafana abahambayo ezinnyaweni
zenkosi yami. 28 Sixolele ke isilandu
sesicakakazi sako: ngokuba UYEHOVA eya
kuyenzela inkosi yami ngennyaniso in-
dhlu eqinileyo; ngokokuba inkosi yami
isilwa ukulwa KUKAYEHOVA, nokuba in-
kohlakalo ingafunyanwanga kuwe nge-
mihla yako. 29 Noko kuvukile umntu
ukukuputuma, nokufuna umpefumlo wa-
ko: kodwa umpefumlo wenkosi yami
wobotshelwa esiqunyeni sobomi KUYEHO-
VA, UTIXO wako; nompefumlo wentshaba
zako uya kuwusaula pakati kwesigingqi
sesisaulo. 30 Kwakuya kuti, nxa UYEHOVA
aya kwenzela inkosi yami njengako konke
okulungileyo akutetile ngawe, *nanxa* aya
kukumisela ube yinkosi pezu kwo-Sira-
yeli; 31 oku akuyi kwandula kube sisi-
gexiso kuwe, nesikubekiso senkliziyo kuyo
inkosi yami, okokuba upalazile igazi ku-
ngeko 'tuba, nokokuba inkosi yami izi-
pindezelele ngokwayo: kodwa nxa UYE-
HOVA aya kwenzela inkosi yami okulungi-
leyo, wandul' ukukumbula isicakakazi
sako.
32 Waza u-Davide wati ku-Abigali: Ma-
kabongwe UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, oku-
tumileyo namhla nje ukuza kundikaulela.
33 Kanjako maitanyusanqeliswe inteleke-
lelo yako, mautanyusanqeliswe nawe, o-
ndibambileyo namhla nje ekuzeni ngegazi,
ukuba ndizipindezelele ngesami isandhla.
34 Ngokuba okunene, *njengokuba* UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, ehleli, ondinqandileyo
ekukwenzeleni ububi, ukuba ubunganxa-
manga ukuza kundikaulela, ngennyaniso
bekungayi kusaliselwa u-Nabali kude ku-
kanye ukusa namnye onobudoda! 35 Wa-
ndula u-Davide wamkela esandhleni sake
oko abemzisele kona, wati kuye: Nyuka
uye ngoxolo endhlwini yako; kangela,
ndipulapulile ilizwi lako, ndibukile ubuso
bako.
36 Wasuka u-Abigali weza ku-Nabali;
kekaloku bona ke, ebenesidhlo endhlwini
yake njengesidhlo sokumkani; yati inkli-
ziyo ka-Nabali yacwayita pakati kwake,
ngokuba enxilile kakulu; ngako akamxelela
'nto, encinane nenkulu, kwada kwakanya
ukusa. 37 Kwabekute kusasa, yakuba
iveyine ipumile ku-Nabali, wandula umfazi
wake wamxelela ezizinto: yaza inkliziyo
yake yafa pakati kwake, wada waba *njengo-
litye.* 38 Kwaye kute emva kwemihla
yanga ilishumi, UYEHOVA wambeta u-Naba-
li, wada wafa. 39 Waza u-Davide, akuva
ukuba u-Nabali ufile, wati: Makabongwe
UYEHOVA, opikisile impikiso yesigxekwa
sami esandhleni sika-Nabali, nesicaka sake
wasisonga enkohlakalweni; ngokuba in-
kohlakalo ka-Nabali UYEHOVA eyibuyisile
pezu kweyake inkloko.
Wandula watuma u-Davide, wateta no-
Abigali, ukuba amtabatele kuye abe ngum-
fazi. 40 Zati zakufika izicaka zika-Da-
vide ku-Abigali e-Karamele, zateta kuye,
zisiti: u-Davide usitumile kuwe, ukuba
akutabatele kuye ube ngumfazi. 41 Waza
wesuka, watoba ngobuso ngasemhlabeni,
wati: Nasi isicakakazi sako sibe ngumko-
nzikazi ukuhlamba innyawo zezicaka
zenkosi yami. 42 Wanxama ko wesuka

* *Oko kukuti:* Olibedengu.



University of Fort Hare
Together in Excellence

u-Abigali, wakwela eqwarasheni, ene-
sihlanu sentombi zake ezihamba ezinnya-
weni zake; waza walandela izigidimi zika-
Davide, waba ngumfazi wake. 43 Kanja-
ko u-Davide wamzeka u-Ahinohame wase-
Yezerele: baba ngabafazi bake nabo boba-
bini. 44 Kodwa u-Saule ebenikile u-
Mikali intombi yake, umfazi ka-Davide,
ku-Faliti unyana ka-Layishe, obengowase-
Galime.

26 KEKALOKU aba-Zifi beza ku-Saule
e-Gibeha, besiti: u-Davide akazimeli
na endulini ye-Hakila, ngapambi kwobala?
2 Waselesuka u-Saule, wehla waya enkla-
ngo yase-Zifi, enaye amadoda anyuliweyo
akwa-Sirayeli angamawaka matatu, ukum-
funa u-Davide enklango yase-Zifi. 3 Wa-
za u-Saule wati waca endulini ye-Hakila,
engapambi kwobala, ngasendhleleni: ko-
dwa u-Davide wahlala enklango, wabona
ukuba u-Saule uze emva kwake ngasenkla-
ngo. 4 Ngako u-Davide watuma inklola,
wazi ukuba u-Saule selezile ngennyani-
so.
5 Wesuka ke u-Davide, weza kulonda-
wo apo u-Saule abete waca kona: waza
u-Davide wabona indawo apo u-Saule ebe-
lele kona, no-Abenere unyana ka-Nere,
inkosi yomkosi wake: kekaloku u-Saule
ebelele pakati kwodonga lwennqwelo, bati
abantu bati waca ngokumngqonga. 6 Wa-
ndula wateta u-Davide, wati ku-Ahime-
leki um-Hete, naku-Abishai unyana ka-
Tseruya, umninawe ka-Jowabi, esiti:
Ngubanina oya kuhla nami ukuya ku-
Saule emnqubeni? Waza u-Abishai wati:
Mina ndiya kuhla nawe. 7 Kwa njalo u-
Davide no-Abishai beza ebantwini ebusu-
ku; kekaloku nanku u-Saule elele ubutongo
pakati kwodonga lwennqwelo, nentshu-
ntshe yake igxunyekiwe emhlabeni nga-
senklokweni yake; kodwa u-Abenere na-
bantu bebelele ngokumngqonga. 8 Wa-
ndula u-Abishai wati ku-Davide: UTIXO
ulnyekelele namhla utshaba lwako esa-
ndhleni sako; ngako kaloku, makendim-
betele ngentshuntshe emhlabeni kube
kanye, ndandingayi kumpindela. 9 Waza
u-Davide wati ku-Abishai: Ungamtshaba-
lalisi: ngokuba ngubanina ongolulayo isa-
ndhla sake ngakuye umtanjiswa KAYE-
HOVA, azo angabi natyala? 10 Wabuya
wati u-Davide: *Njengokuba* UYEHOVA ehle-
li, NGUYEHOVA oya kumbeta; umhlaumbi
umhla wake uya kuza ukuba afe, umhla-
umbi uya kuhlela ekulweni, andule abu-
be: 11 ubunzima mabube kumi buvela
KUYEHOVA, ukuba ndiyasolula isandhla sami
ngakuye umtanjiswa KAYEHOVA! Kodwa
ngoku kaususe intshuntshe engasenklo-
kweni yake, negubu lamanzi, sihambe ke.
12 Waye u-Davide wasusa intshuntshe
negubu lamanzi endaweni yenkloko ka-
Saule; baza bemka ke: kwaye kungeko
namnye obebona, nobesazi, nobevuka; ngo-
kuba bona bonke bebelele 'butongo, ngo-
kuba ubutongo obukulu BUKAYEHOVA bebu-
wile pezu kwabo.
13 Wandula u-Davide wawela waya
pesheya, wema pezu kwococoyi lwentaba,
ekude; umgama omkulu upakati kwabo.
14 Waza u-Davide wabiza kubo abantu,
nakuye u-Abenere unyana ka-Nere, esiti:
Akupenduli na, Abenere? Wasuka wape-
ndula u-Abenere, wati: Ungubanina wena
obizayo kukumkani? 15 Wayesiti u-Davide
ku-Abenere: Akuyindoda na? ngubanina
nofana nawe kwa-Sirayeli? yinina ke uku-
ba akuyilindanga inkosi yako ukumkani?
ngokuba bekungena omnye wabantu uku-
za kutshabalalisa ukumkani inkosi yako.
16 Ayilungile lento uyenzileyo. Ehleli
nje UYEHOVA, nifanelwe kukufa, ngoko-
kuba ningayilindanga inkosi yenu, umta-
njiswa KAYEHOVA. Nakaloku, kangela ipi-
na intshuntshe yokumkani, negubu lama-
nzi elibe lingasenklokweni yake.
17 Waza u-Saule walazi ilizwi lika-Da-
vide, wati: Eli lilizwi lako na, nyana
wami 'Davide? Wayesiti u-Davide: Lili-
zwi lami, nkosi yami, kumkani! 18 Wati
kanjalo: Kunganina ukuba inkosi yami
yenje nje ukuputuma isicaka sayo? ngo-
kuba iyinto nina endiyenzileyo? yiyipina
inkohlakalo esesandhleni sami? 19 Ngako
kaloku maiti inkosi yami ukumkani ike
ive amazwi esicaka sayo. Ukuba NGUYEHO-
VA okuvusileyo ngakumi, makasezele *iwu-*
*mba* lomnikelo wokudhla: kodwa ukuba
ngabo onyana babantu, mabaqalekiswe bona
pambi KWOYEHOVA; ngokuba bendigxotile
namhla ukuba ndingazibandakanyeli kwi-
lifa LIKAYEHOVA, besiti: Hamba, ukonze
otixo bambi. 20 Ngako kaloku, malingawi
igazi lami ngasemhlabeni pambi kwobuso
BUKAYEHOVA: ngokuba ukumkani wo-Sira-
yeli epumile ukufuna intakumba innye,
njengokuba kuzingelwa isikwatsha ezin-
tabeni.



University of Fort Hare

21 Wandula wati u-Saule: Ndonile;
buya, nyana wami 'Davide! ngokuba ndi-
ngasayi kukupata kakubi, ngennxa yokuba
umpefumlo wami ubunqabile emehlweni
ako namhla nje: bona ke, ndenzile ngobu-
denge, ndiposisile ngokuninzi kakulu. 22
Waza u-Davide wapendula wati: Nantsi
intshuntshe yokumkani; makake omnye
wabafana awele, ayitabate. 23 Wanga
UYEHOVA angabuyisela kubo bonke ngaba-
nye ubulungisa babo nennyaniso yabo:
ngokuba UYEHOVA ebekunikele namhla esa-
ndhleni *sami*, kodwa bendingavumi ukwo-
lula isandhla sami ngakuye umtanjiswa
KAYEHOVA. 24 Kanjako bona ke, njengo-
kuba umpefumlo wako ubusenziwa 'mkulu
namhla nje emehlweni ami, kwa njalo
mawenziwe 'mkulu umpefumlo wami eme-
lweni KAYEHOVA, ade andisindise kubo
bonke ubunzima. 25 Wandula u-Saule
wati ku-Davide: Mautanyusanqelwe wena,
nyana wami 'Davide! uya kukwenza ka-
kulu ke, uya kumana ukweyisa kanjalo.
Waza u-Davide wahamba ngendhlela yake,
no-Saule wabuyela endaweni yake.

27 WADA u-Davide wati enklizi-
yweni yake: Kaloku ndiya kububa
omnye umhla ngesandhla sika-Saule; aku-
ko 'nto endilungeleyo, kupela ndinxame
ndisindele elizweni lama-Filistiya, ati u-
Saule anceame ngami, *ayeke* ukundifuna
kanjako kuyo yonke imida yakwa-Siraye-
li; kwa njalo ndiya kusinda esandhleni
sake. 2 Wandula wesuka u-Davide, wagqi-
ta, yena namadoda angamakulu matandatu
abenaye, waya ku-Akishe, unyana ka-Ma-
hoke, ukumkani we-Gate. 3 Waye u-Da-
vide wahlala no-Akishe e-Gate, yena na-
madoda ake, abanye ngabanye benabendhlu
yabo; u-Davide enabafazi bake bobabini,
u-Ahinohame um-Yezerelekazi, no-Abigali
um-Karamelekazi, umfazi ka-Nabali. 4
Kwaza kwaxelelwa u-Saule ukuba u-
Davide usabele e-Gate; ngako akasapinda
ukumfuna.
5 Wayesiti u-Davide ku-Akishe: Uku-
ba ke ndifumene ufefe emehlweni ako, ma-
kunikwe kumi indawo kwesinye sezixeko
zangapandhle, ukuba ndihlale kona; ngo-
kuba kunganina ukuba isicaka sako sihlale
esixekweni sobukumkani ndawonye na-
we? 6 Wandula u-Akishe wamnika nga-
lomhla i-Tsikilage; kukona i-Tsikilage
ilunge kubo okumkani bo-Juda kude kwa-



namhla nje. 7 Laye inani lemihla u-
Davide ebehlala ngayo ezweni lama-Fili-
stiya lingumnyaka 'mnye nennyanga zinne.
8 Kekaloku wenyuka u-Davide, nama-
doda ake, baya bagaleleka pezu kwama-Ge-
shure, nama-Gezere, nama-Amaleki; ngo-
kuba wona ebengabemi belozwe kudala,
njengokuba kuyiwa e-Shure, nakude kube
kulo ilizwe le-Jipete. 9 Waza u-Davi-
de wabeta ilizwe elo, akalondoloza ebo-
mini nendoda nomfazi; kanjako watabata
igusha, nenkomo, namaqwarashe, nenka-
mela, nezivato, wada wabuya, weza ku-Aki-
she. 10 Wandula wati u-Akishe: Nigale-
lekile ngapina namhla? Wati ke u-Davide:
Ngasesuyide yakwa-Juda, nangasesuyi-
de yama-Jeramele, nangasesuyide yama-
Keni. 11 Waye u-Davide engalondoloza-
nga ebomini nendoda nomfazi, ukubazisa
e-Gate, esiti: Hleze baxele ngati ukuti:
Wenje njalo u-Davide. Laye linjalo isiko
lake yonke imihla abehlala elizweni lama-
Filistiya. 12 Waza u-Akishe wakolwa
ngu-Davide, esiti: Ugqibele ukuzinukisa
pakati kwabantu bake, pakati kwo-Sira-
yeli; ngako woba sisicaka sami ngamaxa
onke.

28 KWAYE kute ngalomihla, ukuba
ama-Filistiya ahlanganisa imikosi
yawo ukwenza imfazwe, kuze kuliwe nga-
kubo o-Sirayeli. Wandula u-Akishe wati
ku-Davide: Yazi ngennyaniso ukuba uya
kupuma nomkosi kunye nami, wena nama-
doda ako. 2 Waza u-Davide wati ku-
Akishe: Ngokunjalo uya kukwazi oko isi-
caka sako siya kukwenza. Wayesiti u-
Akishe ku-Davide: Ngako oko ndiya ku-
kumisa ube ngumgcini wenkloko yami
imihla yonke.
3 Kekaloku u-Samyali ebefile; kanjalo
bonke o-Sirayeli bebemlilele, bamncwaba
e-Rama, kwa sesixekweni sake.
Waye u-Saule ebekwelelisile abenzelana
nemishilogu, namatola, elizweni.
4 Aza ama-Filistiya ahlanganiswa, eza
ati waca e-Shuneme: kanjako u-Saule
wahlanganisa onke ama-Sirayeli, aya ati
waca e-Gilibowa. 5 Wati u-Saule akubona
umkosi wama-Filistiya, wasuka woyika,
nenkliziyo yake yangcangcazela kakulu. 6
Waza wabuza u-Saule KUYEHOVA, kodwa
UYEHOVA akampendula, nangamapupa, na-
nge-Urime, nangabaprofite. 7 Wandula
u-Saule wati kuzo izicaka zake: Ndifuno-

University of Fort Hare

leni umfazi onobushologu, ndize ndiye ku-
lowo, ndibuze kuye. Zaye zisiti izicaka
zake kuye: Nankuya umfazi onobushologu
e-Hene-dore.
8 Waza u-Saule wazenza ngakumbi, wa-
mbata ingubo zimbi, wahamba yena, na-
madoda mabini kunye naye, beza kumfazi
lowo ebusuku; wayesiti: Zundilaulele
ngomshologu, undinyusele lowo endiya
kumxela kuwe. 9 Wayesiti umfazi kuye:
Bona ke, uyakwazi oko akwenzileyo u-
Saule, okokuba unqamlile abenzelana ne-
mishologu, namatola, elizweni; yinina ngo-
ko ukuba uyatiyela umpefumlo wami uku-
ndifisa? 10 Waza u-Saule wamfungela
UYEHOVA, esiti: Ehleli nje UYEHOVA, akuyi
kuhlelwa lityala ngennxa yalento! 11
Wandula umfazi wati: Ngubanina lowo
ndiya kumnyusela kuwe? Wayesiti: Ndi-
nyusele u-Samyali.
12 Wati umfazi lowo akumbona u-Sam-
yali, wakala ngelizwi elikulu; wayesi-
tsho umfazi lowo ku-Saule, esiti: Yinina
ukuba undikohlisile, wena ungu-Saule nje?
13 Waza ukumkani wati kuye: Ungoyiki;
ngokuba iyinto nina uyibonileyo? Wati
umfazi ku-Saule: Ndabona otixo benyuka
emhlabeni. 14 Wayesiti kuye: Isimilo
sake sinjanina? Wati yena: Yindoda eli-
xego enyukayo, eyambete ingubo ende.
Wandula u-Saule wazi ukuba nguye u-
Samyali, watoba ngobuso ngasemhlabeni,
waziqubuda.
15 Waza u-Samyali wati ku-Saule: Yi-
nina ukuba undixalisile ngokundinyusa?
Wayesiti u-Saule: Ndixinezekile kakulu;
ngokokuba ama-Filistiya esilwa ngakumi,
nokuba UTIXO wemkile kumi, engasandipe-
nduli nangabaprofite nangamapupa; ngako
ndibizile wena, ukuba undazise oko endiya
kukwenza. 16 Wandula wati u-Samyali:
Kunganina ukuba ubuze mina, nxa UYE-
HOVA emkile kuwe, esel' elutshaba lwako
nje? 17 Ngokuba UYEHOVA ezenzele nje-
ngokuba ebeteta ngami; ngokuba UYEHOVA
erazulile ubukumkani esandhleni sako,
ebunikile kummelwane wako, ku-Davide:
18 ngokokuba ungalivanga ilizwi LIKAYE-
HOVA, nokuba ungenzanga ngobushushu
bomsindo wake ngakuwo ama-Amaleki,
kukona UYEHOVA ekwenzele lento namhla
nje. 19 Kanjako UYEHOVA uya kunikela
ama-Sirayeli kunye nawe esandhleni sama-
Filistiya: nangomso wena nonyana bako
noba nami; nomkosi wama-Sirayeli UYE-
HOVA wowunikela esandhleni sama-Fili-
stiya.
20 Wandula wawa ngobunxamo u-Saule
ubude bake bonke ngasemhlabeni, woyika
kakulu ngennxa yamazwi ka-Samyali:
kwaye kungeko amandhla kuye; ngokuba
engadhlanga isonka yonke immini nabo
bonke ubusuku. 21 Waza umfazi lowo
weza ku-Saule, wabona ukuba uyetuswa
kakulu, wati kuye: Bona ke, isicakakazi
sako sivile ilizwi lako, nompefumlo wami
ndiwubekile esandhleni sami, namazwi ako
ebuwateta kumi ndiwapulapule: 22 nga-
ko kaloku kaupulapule nawe ilizwi lesica-
kakazi sako, ukuba mandibeke umtamo
wesonka ebusweni bako, uze udhle; wa-
uya kuba namandhla, nxa uhamba ngen-
dhlela yako. 23 Koko walayo, wati:
Andiyi kudhla. Kodwa zamqùba izicaka
zake, kwa nomfazi lowo kanjalo; wada
wapulapula ilizwi labo. Waza wesuka
emhlabeni, wahlala emandhlalweni. 24
Waye umfazi ebenetole elityetyisiweyo
endhlwini; wanxama ke walixèla; wata-
bata nomgubo, wawubuca, woja izonka ezi-
ngenagwele ngawo: 25 waza wazisondeza
ebusweni buka-Saule, nasebusweni bezi-
caka zake; badhla ke. Bandula besuka,
bemka ngobobusuku.

29 KEKALOKU ama-Filistiya ebehla-
nganisile yonke imikosi yawo e-Afe-
ki; nama-Sirayeli wona abete waca nga-
semtonjeni ose-Yezerele. 2 Zaza inkosi
zama-Filistiya zadhlula ngamakulu nanga-
mawaka; kodwa u-Davide namadoda ake
badhlula ngasemva kunye no-Akishe. 3
Zandula inkosi zama-Filistiya zati: *Afuna*
'nto nina ama-Hebere la? Wayesiti u-
Akishe kuzo inkosi zama-Filistiya: Lo asi
nguye na u-Davide, isicaka sika-Saule uku-
mkani wo-Sirayeli, obeko nami ngalemi-
hla, umhlaumbi ngaleminyaka? ndandi-
ngafumananga 'nto kuye, kwa semhleni
wokupongoma kwake kwada kwanamhla
nje. 4 Koko inkosi zama-Filistiya zaqu-
mba ngakuye; zaza inkosi zama-Filistiya
zati kuye: Buyisa londoda, iye ibuyele
endaweni yayo, apo uyimisele kona, uku-
ba ingehli nati ukuya ekulweni, ize ingabi
ngumalane kuti ekulweni; ngokuba ku-
nganto nina aya kuzikolekisa lo enkosini
yake? akungazo inkloko zalamadoda na?
5 Lo asi nguye na u-Davide, ababevuma
ngaye emidudweni, besiti: u-Saule ubu-



University of Fort Hare

lelo amawaka ake, kodwa u-Davide ama-
waka ake alishumi?
6 Wandula u-Akishe wambiza u-Davide,
wati kuye: Ehleli nje UYEHOVA, ulunge-
lelene wena; kanjalo ukupuma kwako no-
kungena kwako kunye nami emkosini ku-
lungile emehlweni ami; ngokuba ndinga-
fumananga inkohlakalo kuwe, kwa semhle-
ni wokuza kwako kumi kude kwanamhla
nje: noko emehlweni azo inkosi akulu-
ngile wena. 7 Ngako kaloku buya, uha-
mbe ngoxolo, ukuba ungenzi okubi eme-
hlweni enkosi zama-Filistiya. 8 Waza
u-Davide wati ku-Akishe: Yinto nina pofu
endiyenzileyo? yinto nina kanjalo uyifu-
meneyo kwisicaka sako, kwa semhleni be-
ndisebusweni bako ngawo kude kwanam-
hla nje, ukuba ndingayi ndilwe ngakuzo
intshaba zenkosi yami ukumkani? 9 Wa-
pendula u-Akishe wati ku-Davide: Ndi-
yazi ukuba ulungile wena emehlweni ami,
njengengelosi KATIXO; kodwa inkosi zama-
Filistiya zite: Akayi kunyuka nati uku-
ya ekulweni. 10 Ngako kaloku, vuka ku-
sasa ngomso, nezicaka zenkosi yako ezibe
zisiza nawe; niti nakuba nivukile kusasa
ngomso, nxa kunikanyeleyo, nandule ni-
mke.
11 Waza u-Davide wavuka kusasa, yena
namadoda ake, ukuba bemke kusasa ukuya
kubuyela ezweni lama-Filistiya. Ati ama-
Filistiya enyuka aya e-Yezerele.

30 KWAYE kute, akufika u-Davide na-
madoda ake e-Tsikilage ngomhla we-
sitatu, kekaloku ama-Amaleki ebegalelekile
pezu kwesuyide, napezu kwe-Tsikilage,
abeta i-Tsikilage, ayitshisa ngomlilo; 2
nabafazi abebekuyo ebebatimbile, engabu-
lalanga nje namnye umntu *kodwa*, kwa
nomncinane nomkulu; koko abebafudusile,
ahamba ngendhlela yawo. 3 Kwa njalo
akufika u-Davide namadoda ake esixekwe-
ni, nasi sitshisiwe ngomlilo; nabafazi ba-
bo, nonyana babo, nentombi zabo, bona
bebetinjiwe. 4 Bandula u-Davide nabantu
abanaye bapakamisa ilizwi labo, balila,
kwada akwabi sabiko kubo amandhla oku-
lila. 5 Baye betinjiwe abafazi baka-Da-
vide bobabini, u-Ahinohame um-Yezerele-
kazi, no-Abigali umfazi ka-Nabali um-Ka-
ramele. 6 Waye u-Davide waxinezeka
kakulu; ngokuba abantu bebeteta ngokum-
gibisela ngamatye, ngokuba umpefumlo
wabantu bonke ubunoburara, abanye nga-
banye pezu kwonyana babo, napezu kwen-
tombi zabo; kodwa u-Davide wazomeleza
kuye UYEHOVA, UTIXO wake.
7 Waza u-Davide wati ku-Abiyatare
umperisite, unyana ka-Ahimeleki: Kauso-
ndeze kumi iyefodi. Wayisondeza u-Abi-
yatare iyefodi ku-Davide. 8 Wandula u-
Davide wabuza KUYEHOVA ngokuti: Ndiya
kuputuma elibandhla na? ndiya kulifuma-
na na? Wayesiti kuye: Putuma; ngokuba
uya kufumana ngennyaniso, uya kugqi-
bela ukuhlangula kanjako. 9 Wasuka
wahamba u-Davide, yena namadoda anga-
makulu matandatu abenaye, baza kufika
emlanjaneni we-Besore, apo abo basalayo
bahlala kona. 10 Kodwa u-Davide wapu-
tuma, yena namadoda angamakulu mane:
ngokuba bekuhlala amadoda angamakulu
mabini, abecubukile kangaka, ukuba ebe-
ngenako ukuwela umlanjana we-Besore.
11 Baza bafumana indoda engum-Jipete
ezindhle, bayizisa ku-Davide; bayinika iso-
nka, yada yatya; bayiseza amanzi; 12 bayi-
nika kanjalo iqezu lesimba lamakiwane, no-
zipa zibini zedreyive ezishwenyileyo: yati
yakuba idhlile, ummoya wayo wabuya weza
kuyo; ngokuba isonka ibingasityanga, na-
manzi ibingawaselanga, imini zantatu no-
busuku batatu. 13 Waza u-Davide wati
kuyo: Ungokabanina? uvela pina? Yayi-
siti: Ndiyindodana yase-Jipete, isicaka
som-Amaleki; yandishiya inkosi yami,
ngokuba bendihliwa sisifo kuse kuntsuku
ntatu. 14 Tina sabesigaleleka pezu kwe-
lasesuyide *ilizwe* lama-Keriti, napezu kwe-
lakwa-Juda, napezu kwelasesuyide lakwa-
Kalebi, satshisa i-Tsikilage ngomlilo. 15
Waza u-Davide wati kuyo: Ungaka undi-
hlisele kwelibandhla na? Yayisiti: Ndi-
fungele UTIXO, ukuba akuyi kundibulala,
nokuba akuyi kundinikela esandhleni sen-
kosi yami, ndandiya kukuhlisela kweliba-
ndhla.
16 Kekaloku yakuba imhlisile, naba ke
betwabulukile pezu kwobuso bomhlaba
wonke, besidhla, besela, beduda nokudu-
da, ngennxa yalo lonke ixoba elikulu, aba-
belisusile ezweni lama-Filistiya, nasezwe-
ni lakwa-Juda. 17 Waza u-Davide waba-
beta kwa kuso isifingo sokusa kwada kwa-
kukuhlwa kwomnye umhla; kwaye ku-
ngasindanga namnye umntu pakati kwabo,
ngapandhle kwamadodana angamakulu ma-
ne, abekwele pezu kwenkamela, esaba ke.
18 Waye u-Davide wahlangula konke ama-



University of Fort Hare

Amaleki abekususile; nabafazi bake boba-
bini u-Davide wabahlangula. 19 Kwaye
kungasweleki kubo, kwa nomncinane
nomkulu, kwa nonyana nentombi, kwa
nexoba nako konke ababekutabatele kubo;
konke u-Davide wakubuyisa. 20 Waza u-
Davide watabata zonke igusha nenkomo;
baziqùba pambi kw*ezinnye* inkomo ezo, ba-
ti: Lixoba lika-Davide eli.

21 Kekaloku akuza u-Davide kulawo-
madoda angamakulu mabini abecubukile
kangaka ukuba ebengenako ukumlandela
u-Davide, nababewahlalisile emlanjaneni
we-Besore, apuma wona ukuya kumkaulela
u-Davide, nokuhakaulela abantu ababena-
ye; waza u-Davide wasondela ebantwini,
wababulisa. 22 Andula apendula onke
amadoda akohlakeleyo nawobunginingini,
pakati kwamadoda abehamba no-Davide,
ati: Ngenxa yokuba ebengahambanga
nati, asiyi kuwanika *'nto* kwixoba esilihla-
nguleyo, kupela kwindoda ngendoda umfa-
zi wayo nabantwana bayo; makakape *bona*,
emke. 23 Koko wati u-Davide: Aniyi
kwenje njalo, bazalwana bami! ngoko u-
YEHOVA akunikileyo kuti, osigcinileyo tina,
nebandhla elezayo ngakuti ulinikele esa-
ndhleni setu. 24 Ngubanina ke oya kuni-
pulapula ngalento? ngokuba njengesabe-
lwa sabo bahlela ekulweni, siya kuba njalo
isabelwa sabo bahlala ngasempahleni;
kwolingana ukwabelwa kwabo. 25 Kwa-
bekute kwa semhleni lowo nangasemva,
ukuba wakumisa *oku* kube ngumteto nesi-
ko kwa-Sirayeli kwada kwanamhla.

26 Wati akufika u-Davide e-Tsikilage,
watuma inxenye yexoba kubo abadala
bo-Juda, kubo abahlobo bake, esiti:
Nali itamsanqa kuni, kwixoba lentshaba
ZIKAYEHOVA; 27 kwa kubo abase-Betele,
nakubo abase-Ramote yasesuyide, nakubo
abase-Yatire, 28 nakubo abase-Harobere,
nakubo abase-Sifimote, nakubo abase-She-
temoha, 29 nakubo abase-Rakale, nakubo
abasezixekweni zama-Jeramele, nakubo a-
basezixekweni zama-Keni, 30 nakubo aba-
se-Horema, nakubo abase-Kore-hashane,
nakubo abase-Hatake, 31 nakubo abase-
Hebrone, nakuzo zonke indawo, apo u-
Davide ebehambile kona, yena namadoda
ake.

31 KEKALOKU ama-Filistiya alwa no-
Sirayeli; aza amadoda akwa-Sirayeli
esaba pambi kwama-Filistiya, awa ehla-
tyiwe entabeni ye-Giliboha. 2 Asuka
ama-Filistiya ati nama ukulandela u-Saule
nonyana bake; ada ama-Filistiya abulala
u-Jonatane, no-Abinadabi, no-Maleki-shu-
ha, onyana baka-Saule. 3 Kwabekunzima
ke ukulwa ngakuye u-Saule, ati ama-
doda abetola ngesipeta amcana; waza wa-
tutumela kakulu ngenxa yabatoli. 4 Wa-
ndula u-Saule wati kumtwali wezixòbo
zake: Rola irele lako, undihlabe ngalo;
hleze aba 'bangalukileyo beze, bandihlabe,
badhlale ngami. Kodwa umtwali wezixò-
bo zake ebengavumi; ngokuba ebesoyika
kakulu. Waza u-Saule watabata irele, wa-
wa pezu kwalo. 5 Wati umtwali wezixòbo
zake, akubona ukuba u-Saule ufile, wawa
naye pezu kwerele lake, wafa kunye naye.
6 Kwa njalo wabuba u-Saule, nonyana
bake bobatatu, nomtwali wezixòbo zako,
nawo onke amadoda ake, ngalommini kwa
kunye.

7 Ati akubona amadoda akwa-Sirayeli
abenganeno kwomhlambo, nabenganeno
kwe-Yoredane, ukuba amadoda akwa-Sira-
yeli esabile, nokuba u-Saule nonyana bake
bafile, andula ashiya izixeko, esaba; ati
ama-Filistiya eza ahlala kuzo.

8 Kwaye kute ngomnye umhla, akufika
ama-Filistiya ukuhluba abahlatyiweyo, afu-
mana u-Saule nonyana bake bobatatu be-
lele entabeni ye-Giliboha. 9 Aza anqumla
inkloko yake, ahluba izixòbo zake, atumela
ezweni lama-Filistiya elingqongayo, uku-
shumayela endhlwini yezitixo zawo nase-
bantwini. 10 Kekaloku izixòbo zake
azibeka endhlwini ka-Hashetorete, nesi-
dumbu sake asibetela eludongeni lwase-
Bete-shane. 11 Bati bakuva abemi base-
Yabeshe-gileyadi oko akwenzileyo ama-
Filistiya ku-Saule, 12 bandul' ukusuka
bonke abangamaroti, bahamba bonke ubu-
suku, batula isidumbu sika-Saule, nezidu-
mbu zonyana bake, eludongeni lwase-
Bete-shane, beza e-Yabeshe, bazitshisa
kona. 13 Baza batabata amatambo abo,
bawanewaba ngapantsi kwomti wetama-
riske e-Yabeshe, bazila ukutya intsuku
zasixenxe.



University of Fort Hare

# EYESIBINI INNCWADI

# KASAMYALI.

ISAHLUKO I.

KWAYE kute emva kwokufa kuka-
Saule, nxa u-Davide abebuyile eku-
bulaweni kwama-Amaleki, n*anxa* u-Davide
abehleli imihla mibini e-Tsikilage; 2 kwa-
ye kute kwa ngomhla wesitatu, ukuba,
bona ke, indoda yavela emkosini ku-Saule,
inengubo zayo zirazukile, nomhlaba pezu
kwenkloko yayo: kwati ke, ekuzeni kwa-
yo ku-Davide, yawa ngasemhlabeni, yazi-
qubuda. 3 Waza u-Davide wati kuyo:
Uvela pina? Yati kuye: Ndisindile emkosi-
ni wama-Sirayeli. 4 Wati u-Davide kuyo:
Kwehla 'nto nina? ndixelele ke. Yayisiti:
Abantu besabile ekulweni; kanjako ku-
wile abaninzi kubo abantu, bafile; no-
Saule, no-Jonatane unyana wake, bafile
nabo.
5 Walekela u-Davide wati kuyo indo-
dana ebimxelele: Wazi nganina, ukuba
u-Saule ufile, no-Jonatane unyana wake?
6 Yaza indodana ebimxelele yati: Nda-
hla ndafika entabeni ye-Giliboha; keka-
loku nanku u-Saule esimelele ngentshu-
ntshe yake; kanjalo, bona ke, innqwelo
nabakweli bamahashe bebemputuma ngo-
kuti nama; 7 wati akubeka ngasemva
kwake, wandibona, wandibiza; ndaza nda-
ti: Nanku ndi*lapa*. 8 Waza wati ku-
mi: Ungubanina? Ndati kuye: Ndi-
ngum-Amaleki. 9 Wati kumi kanjalo:
Yima ke pezu kwami, undifise, ngokuba
isizunguzane sindibambile; ngokuba ubo-
mi bami busebonke pakati kwami. 10
Ndaza ndema pezu kwake, ndamfisa, ngo-
kuba bendisazi ukuba akayi kupila emva
kwokuwa kwake; ndaye nditabata ikrone
ebisenklokweni yake, nesacolo esibe sisen-
galweni yake, endizizisileyo enkosini yami
apa.
11 Wandula u-Davide wabamba ingubo
zake, wazirazula; kwa nawo onke amado-
da abenaye; 12 baza benza isijwili, balila,
bazila ukutya kwada kwahlwa, ngennxa
ka-Saule, nangennxa ka-Jonatane unyana
wake, nangennxa yabantu BAKAYEHOVA,
nangennxa yendhlu ka-Sirayeli, ngokuba
bebewile ngerele.
13 Wabuya u-Davide wati kuyo indo-
dana ebimxelele: Uvela pina? Yati: Ndi-
ngunyana womntu wasemzini, um-Amaleki.
14 Waza u-Davide wati kuyo: Yinina ukuba
ubungoyiki ukwolula isandhla sako ukum-
bulala umtanjiswa KAYEHOVA? 15 Wa-
ndula u-Davide wayibiza ennye kuma-
dodana, wati: Sondela, yiwele. Yaza ya-
yibeta, yada yafa. 16 Waye u-Davide
esiti kuyo: Igazi lako malibe pezu kwe-
yako inkloko; ngokuba umlomo wako
unqinile ngakuwe, usiti: Mina ndimfisile
umtanjiswa KAYEHOVA.
17 Kekaloku u-Davide wenza isililo esi
pezu kwo-Saule, napezu kwo-Jonatane u-
nyana wake: 18 (wayexela ukuba usapo
luka-Juda malufundiswe isi-Peta; bona
ke, sibàliwe enncwadini ka-Yashere:) 19
Buhle buka-Sirayeli, buhlatyiwe pezu
kwenduli zako! hai ukuwa kwamaroti!
20 Ningaxeleli e-Gate, ningashumayeli
ezitarateni ze-Ashekelone; hleze zivuye
intombi zama-Filistiya, hleze zigcobe into-
mbi zabangalukileyo. 21 Nina 'zintaba
zase-Giliboha? makungabiko umbete, ma-
kungabiko nemvula pezu kwenu, kwa
namasimi eminikelo: ngokuba kona apo
bekulahlwa ikaka lamaroti, ikaka lika-
Saule, *njengokungati* ebengenguye otanjisi-
weyo ngeoli. 22 Isipeta sika-Jonatane
asihlehlanga ngomva, nerele lika-Saule ali-
buyanga zé, kulo igazi labahlatyiweyo,
kulo inqata lamaroti. 23 U-Saule no-Jo-
natane bebengabatandekayo nabamnandi
ekudhleni kwabo ubomi, nasekufeni kwabo
bebengahlukene: bebenamendu ngapezu
kwenkozi, bebenamandhla ngapezu kwen-
gonyama. 24 Zintombi zakwa-Sirayeli!
lilelani u-Saule, obenivatisa ngesibomvu
kunye neziyoliso, owafaka izihombo zego-
lide pezu kwokuvata kwenu. 25 Hai
ukuwa kwamaroti pakati kwokulwa!



University of Fort Hare

Jonatane, uhlatyiwe pezu kwenduli zako.
26 Kubuhlungu kumi ngennxa yako, mza-
lwana wami 'Jonatane! ubumnandi kumi
kakulu; utando lwako lube lungumma-
ngaliso kumi, lupezu kwotando lwabafazi!
27 Hai ukuwa kwamaroti, nokutshabalala
kwezixòbo zemfazwe!

2 KWAYE kute emveni kwoku, ukuba
u-Davide wabuza KUYEHOVA, esiti: Ndi-
ya kunyuka na ndiye kwesinye sezixeko
zakwa-Juda? Wayesiti UYEHOVA kuye:
Nyuka. Waza u-Davide wati: Ndiya ku-
nyukela pina? Wati: e-Hebrone. 2 Wa-
suka u-Davide wenyukela kona, kwa naba-
fazi bake bobabini, u-Ahinohame um-Yeze-
relekazi, no-Abigali umfazi ka-Nabali um-
Karamele. 3 Namadoda ake abenaye
wawenyusa u-Davide, amanye ngamanye
enabendhlu zawo: baza bahlala ezixekwe-
ni zase-Hebrone. 4 Andula eza amadoda
akwa-Juda, amtambisa kona u-Davide abe
ngukumkani pezu kwendhlu ka-Juda.
Kwaye kuxelwa ku-Davide, kusitwa:
Amadoda ase-Yabeshe-gileyadi angabo
abamncwabileyo u-Saule. 5 Waza u-Da-
vide watuma izigidimi kuwo amadoda ase-
Yabeshe-gileyadi, wati kuwo: Manitanyu-
sanqelwe nina NGUYEHOVA, ngokokuba ne-
nzile obububele enkosini yenu, ku-Saule,
nimncwabile nje. 6 Nakaloku makenze
UYEHOVA kuni ububele nennyaniso; kanja-
lo nami ndiya kubuyekeza kuni uku-
lunga oku, ngokokuba nenzile lento. 7
Ngako kaloku, mazomelele izandhla ze-
nu, nibe ngamadoda oburoti; ngokuba
ifile inkosi yenu, u-Saule; kanjalo nami
indhlu ka-Juda inditambisile ndibe nguku-
mkani pezu kwabo.

8 Koko u-Abenere, unyana ka-Nere,
inkosi yomkosi obungoka-Saule, watabata
u-Shiboshete unyana ka-Saule, wamweza
ukuya e-Mahanayime; 9 wamenza uku-
mkani pezu kwe-Gileyadi, napezu kwama-
Ashuri, napezu kwe-Yezerele, napezu kwo-
Frayime, napezu kwo-Benjamine, napezu
kwo-Sirayeli bonke. 10 Ebengominyaka
imashumi mane u-Shiboshete unyana ka-
Saule ubudala bake, akuba ngukumkani
pezu kwo-Sirayeli; wapata ubukumkani
iminyaka yamibini. Kodwa indhlu ka-
Juda ibimlandela u-Davide. 11 Laye inani
lemihla u-Davide ebengukumkani ngayo
e-Hebrone, pezu kwendhlu ka-Juda, liyi-
minyaka isixenxe nennyanga zintandatu.

12 Kekaloku u-Abenere unyana ka-
Nere, nezicaka zika-Shiboshete unyana ka-
Saule, bapuma e-Mahanayime baya e-Gi-
beyone: 13 kanjalo u-Jowabi unyana
ka-Tseruya, nezicaka zika-Davide, bapuma,
bahlangana nabo ngasecibini lase-Gibeyo-
ne: baza bahlala pantsi, aba ngelinye icala
lecibi, nabo ngelinye icala lecibi. 14 Wa-
ndula u-Abenere wati ku-Jowabi: Maka-
suke ke amadodana, adhlale ebusweni betu.
Wati u-Jowabi: Makasuke. 15 Aza esuka,
adhlula ngenani; ishumi linamabini *ama-
dodana* akwa-Benjamine, abengaka-Shibo-
shete unyana ka-Saule, neshumi linamabini
ezicakeni zika-Davide. 16 Asuka abamba-
na ngenkloko, *ahlaba* ennye ngerele layo
ecaleni lennye, awa kwa kunye; ngako lo-
ndawo ibibizwa ngokuti yi-Helekate-hatsu-
rime, ese-Gibeyone. 17 Kwabekuko uku-
lwa okunzima kakulu ngalomhla: waza
woyiswa u-Abenere, namadoda akwa-Sira-
yeli, ebusweni bezicaka zika-Davide

18 Kwaye kuko kona onyana abatatu
baka-Tseruya, u-Jowabi, no-Abishai, no-
Hasaheli; waye u-Hasaheli ebenamendu
ngennyawo zake, njengelinye lamabadi
asendhle. 19 Waza u-Hasaheli wamsukela
u-Abenere; ebengashenxi ukuya ngaseku-
nene nangasekohlo ekumlandeleni u-Abe-
nere. 20 Wandula u-Abenere wabeka
ngasemva kwake, wati: Unguwe na, Ha-
saheli? Wati: Ndimi. 21 Waza u-Abe-
nere wati kuye: Shenxela ngasekunene
kwako, umhlaumbi ngasekohlo kwako, uyi-
bambe ennye yamadodana, utabate izixòbo
zayo. Kodwa u-Hasaheli ebengavumi u-
kupambuka ekumlandeleni. 22 Wapinda
kanjako u-Abenere ukuti ku-Hasaheli:
Pambuka ekundilandeleni; yinina ukuba
ndikubete ngasemhlabeni? ngendisiti nina
ke ukupakamisa ubuso bami ku-Jowabi
umkuluwe wako? 23 Kodwa wala uku-
pambuka: ngako u-Abenere wambeta
ngenncame yasemva yentshuntshe esiswi-
ni, yada intshuntshe yapumela emva kwa-
ke; waza wawa kona, wafa endaweni yake:
kwaza kwati, bonke abezayo kulondawo,
apo wawayo u-Hasaheli wafa kona, bati
nqumama. 24 Kanjalo u-Jowabi no-Abi-
shai bamsukela u-Abenere: lati ilanga
latshona bakufika endulini ye-Ama, epambi
kwe-Giya, ngasendhleleni yenklango yase-
Gibeyone.

25 Lwaza usapo luka-Benjamine lwazi-
hlanganisa emva kwo-Abenere, lwaba



University of Fort Hare
Together in Excellence

liqela linye, lwema pezu kwocecoyi lwen-
duli. 26 Wandula u-Abenere wabiza
ku-Jowabi, wati: Irele liya kudhla kude
kube ngunapakade na? akwazi na ukuba
kwobako uburara ekupeleni? kwoda kube
ninina ke ungayi kuxelela abantu, ukuba
mababuye ekulandeleni abazalwana babo?
27 Waza wati u-Jowabi: Ehleli nje UYE-
HOVA, ukuba ubungatetanga, ngennyaniso
oko kwa kusasa bange benyukile abantu
abanye ngabanye ekulandeleni abazalwana
babo! 28 Wandula u-Jowabi wavutela
ngexilongo; baza bonke abantu bati nqu-
mama; ababuya basukele o-Sirayeli; ababi
sapinda ukulwa kanjako.
29 Kekaloku u-Abenere namadoda ake
bahamba bonke ubusuku obo etafeni, ba-
wela i-Yoredane, bacanda kuyo yonke
i-Biterone, bada bafika e-Mahanayime.
30 Wati no-Jowabi wabuya ekumlandeleni
u-Abenere, wahlanganisa bonke abantu:
kwaza kwasweleka ezicakeni zika-Davide
amadoda alishumi elinesitoba, no-Hasaheli:
31 kodwa izicaka zika-Davide bezibetile
ku*madoda* akwa-Benjamine, napakati kwa-
madoda ka-Abenere, *ukuba* amadoda anga-
makulu matatu anamashumi matandatu
abefile. 32 Baza bamsusa u-Hasaheli,
bamncwaba encwabeni loyise, elibe lise-
Beteleheme. Basuka bahamba u-Jowabi
namadoda ake bonke ubusuku, kwada
kwabakanyela e-Hebrone.

3 KEKALOKU kwabekuko ukulwa oku-
de pakati kwendhlu ka-Saule nendhlu
ka-Davide: kodwa u-Davide wamana u-
kwomelela, kanti indhlu ka-Saule bona
bamana ukuba 'butataka. 2 Kwaye
kumzalelwa u-Davide onyana e-Hebrone:
owamazibulo wake ebengu-Amnone, ngo-
Ahinohame um-Yezerelekazi; 3 nowesibi-
ni wake ebengu-Kileyabi, ngo-Abigali
umfazi ka-Nabali um-Karamele; nowesi-
tatu ebengu-Abasalome, unyana ka-Mahaka
intombi ka-Talemai ukumkani we-Geshu-
re; 4 nowesine ebengu-Adonija, unyana
ka-Hagiti; nowesihlanu ebengu-Shefatiya,
unyana ka-Abitale; 5 nowesitandatu ebe-
ngu-Yiterame, ngo-Hegela umfazi ka-
Davide. Aba bebemzalelwa u-Davide e-
Hebrone.
6 Kwaye kute, xeshekweni bekuko u-
kulwa pakati kwendhlu ka-Saule nendhlu
ka-Davide, ukuba u-Abenere wazomelezela
indhlu ka-Saule. 7 Kekaloku u-Saule
ebeneshweshwe, eligama belingu-Ritsepa,
intombi ka-Aya. Wayesiti *u-Shiboshete* ku-
Abenere: Yinina ukuba ubungena kulo
ishweshwe likabawo? 8 Wandula u-Abe-
nere waqumba kakulu ngennxa yamazwi
ka-Shiboshete, wati: Ndiyinkloko yenja
na mina, enditi ngakubo o-Juda, ndenze
ububele namhla kuyo indhlu ka-Saule uyi-
hlo, kubo abazalwana bake, nakubo aba-
hlobo bake, ndingakunikelanga esandhleni
sika-Davide, ukuba uyabeka pezu kwami
ityala lalomfazi namhla? 9 UTIXO make-
nje njalo ku-Abenere, alekele ukwenje
njalo kuye, ukuba anditi, njengokuba UYE-
HOVA efungile ku-Davide, ndenze kwa njalo
kuye: 10 ukufudusa ubukumkani kuyo
indhlu ka-Saule, nokumisa iterone ka-Da-
vide pezu kwo-Sirayeli napezu kwo-Juda,
kwa se-Dane kude kube se-Beresheba. 11
Waza wakohlwa ukumpendula u-Abenere
kanjako nalinye ilizwi, ngokuba ebemo-
yika.
12 Wandula u-Abenere watuma izigidi-
mi ku-Davide ngennxa yokwake, ukuti:
Lelikabanina ilizwe? *u*kuti: Yenza uce-
bano lwako nami; bona ke, isandhla sami
sesiya kuba nawe, ukuguqulela kuwe o-
Sirayeli bonke. 13 Waza wati: Kulu-
ngile, ndiya kulwenza nawe ucebano:
innye into kodwa ndiyibiza kuwe, yokuti:
Akuyi kubona ubuso bami, ukuba akumzisi
kuqala u-Mikali intombi ka-Saule, wakuza
ukubona ubuso bami. 14 Kanjalo u-Davide
watuma izigidimi ku-Shiboshete unyana
ka-Saule, esiti: Kupa umfazi wami u-
Mikali, endimxamele mina ngekulu lama-
jwabu ama-Filistiya. 15 Watuma ke u-
Shiboshete, wamsusa endodeni, ku-Faliti-
yeli unyana ka-Layishe. 16 Yaza indoda
yake yahamba naye, yamana ilila emva
kwake kude kwase-Bahurime. Wandula
u-Abenere wati kuyo: Hamba, buya. Yaza
yabuya.
17 Kekaloku u-Abenere ebenamazwi
kunye nabadala bo-Sirayeli, esiti: Ngama-
xesha apambili benimfuna u-Davide ukuba
abe ngukumkani pezu kwenu; 18 ngako
kaloku yenzani; ngokuba UYEHOVA etetile
ngo-Davide, esiti: Ngesandhla sika-Davide
isicaka sami ndiya kusindisa abantu bami
o-Sirayeli esandhleni sama-Filistiya, nase-
sandhleni sentshaba zabo zonke. 19 Wa-
teta u-Abenere kanjalo ezindhlebeni *zo*-
Benjamine: waya u-Abenere kanjako uku-
teta ezindhlebeni zika-Davide e-Hebrone,



University of Fort Hare

konke okube kulungile emehlweni o-Sira-
yeli, nasemehlweni ayo yonke indhlu ka-
Benjamine. 20 Kwa njalo u-Abenere
weza ku-Davide e-Hebrone, enaye amadoda
angamashumi mabini. Waza u-Davide
wenzela u-Abenere namadoda abenaye isi-
dhlo. 21 Wandula u-Abenere wati ku-
Davide: Ndiya kusuka ndihambe, ndiye
kuhlanganisela enkosini yami ukumkani
bonke o-Sirayeli, ukuba benze ucebano
nawe, uze upate ubukumkani pezu kwako
konke okukanukwayo ngumpefumlo wako.
Wada u-Davide wamndulula u-Abenere;
wasuka wahamba ngoxolo.

22 Kekaloku bona ke, izicaka zika-Da-
vide no-Jowabi bavela ebandhleni, bazisa
nabo amaxoba amaninzi: kodwa u-Abene-
re ebengenaye u-Davide e-Hebrone, ngo-
kuba ebemndulule, waza wemka ngoxolo.
23 Kwati kwakufika u-Jowabi nemkosi
wonke obunaye, kwaxelwa ku-Jowabi ngo-
kuti: u-Abenere, unyana ka-Nere, weza
kukumkani, owamndulula, wada wemka
ngoxolo. 24 Wandula u-Jowabi wangena
kukumkani, wati: Wenze 'nto nina; bona
ke, u-Abenere weza kuwe; yinina lento
umndululeyo, wada wemka kanye? 25 U-
yamazi u-Abenere, unyana ka-Nere, ukuba
weza ukukukohlisa, nokukwazi ukupuma
kwako nokungena kwako, nokukwazi ko-
nke okwenzayo wena.

26 Waza u-Jowabi wapuma ku-Davide,
watuma izigidimi emva kwo-Abenere, e-
zambuyisayo equleni le-Sira. Kodwa u-
Davide wayengazi *oku.* 27 Nxa u-Abenere
abebuyele e-Hebrone, waza u-Jowabi wam-
shenxisela pakati esangweni, ukuze atete
naye ngasese, wambeta kona esiswini,
wada wafa, ngenxa yegazi lika-Hasaheli
umninawe wake.

28 Kwakuviwa ngu-Davide kamva, wa-
ndula wati: Mina nobukumkani bami asi-
natyala pambi KWOYEHOVA kude kube ngu-
napakade ngenxa yegazi lika-Abenere
unyana ka-Nere: 29 malibekwe pezu
kwenkloko ka-Jowabi, napezu kwayo
yonke indhlu yoyise; kanjalo makunga-
nqamki kwindhlu ka-Jowabi lowo unegqi-
ta, nolileperi, nowayama ngomsimelelo,
nowayo ngerele, noswele isonka. 30 Kwa
njalo u-Jowabi no-Abishai umninawe wake
bambulala u-Abenere, ngenxa yokuba
ebemfisile u-Hasaheli umninawe wabo e-
Gibeyone ekulweni.

31 Wandula u-Davide wati ku-Jowabi,
nakubo bonke abantu ababenaye: Krazulani
ingubo zenu, nibinqe inklakanklaka,
nimlilele u-Abenere. Wasuka ukumkani
u-Davide wahamba emva kwetala. 32
Baza bamngcwaba u-Abenere e-Hebrone:
waye ukumkani wapakamisa ilizwi lake,
walila ngasengcwabeni lika-Abenere; balila
bonke abantu nabo. 33 Kekaloku uku-
mkani wenzela u-Abenere isililo, wati:
Wafa na u-Abenere, njengokuba kusifa
ibedengu? 34 Izandhla zako bezingabo-
tshwanga, neenyawo zako bezingafakwanga
emakamandeleni obedu: njengowayo pa-
mbi kwonyana bobumenemene, wawa
wena. Baza bonke abantu bandisa ukulila
pezu kwake.

35 Bandula beza bonke abantu ukum-
dhlisa u-Davide isonka, nxa kuseko im-
mini: kodwa wafunga u-Davide, esiti:
UTIXO makenje njalo kumi, alekele ukwe-
nje njalo, ukuba nditi, lingekatshoni ilanga,
ndiye isonka umhlaumbi ennye into yimbi.
36 Bati bonke abantu bakunakana *oko*,
bekulungile emehlweni abo; njengokuba
konke abekwenza ukumkani bekulungile
emehlweni abantu bonke.

37 Baza bonke abantu, kwa bonke o-
Sirayeli, bazi ngalomhla, ukuba bekunga-
velanga kukumkani ukumfisa u-Abenere
unyana ka-Nere. 38 Wati ukumkani ka-
njalo kwizicaka zake: Anazi na ukuba
iwile inkosi nendoda enkulu namhla nje
kwa-Sirayeli? 39 Nami ke, namhla ndi-
butataka, noko ndingukumkani otanjisiwe-
yo; nalamadoda, onyana baka-Tseruya,
alukuni kumi: UYEHOVA uya kumvuza
umenzi wenkohlakalo njengenkohlakalo
yake.

4 WATI akuva unyana ka-Saule ukuba
u-Abenere ufile e-Hebrone, zandula iza-
ndhla zake zapolelwa, nabo bonke o-Sira-
yeli betuswa. 2 Waye unyana ka-Saule
ebenamadoda mabini, inkosi zamabandhla;
igama lennye lalingu-Bahana, negama
lennye lalingu-Rekabe, onyana baka-Rimo-
ne um-Berote, owosapo lika-Benjamine:
(ngokuba ne-Berote ibibalelwa o-Benja-
mine: 3 kanjalo ama-Berote ebesabele e-
Gitayime, aba ngabasemzini kona kude
kwanamhla nje.)
4 Waye u-Jonatane, unyana ka-Saule,
ebenonyana oqwalela ngenyawo: wabe-
yiminyaka mihlanu ubudala bake, nxa
zibe zivela indaba ngaye u-Saule no-Jona-



University of Fort Hare
Together in Excellence

tane e-Yezerele; waza umondhlikazi wake
wamtabata, wesaba: kwaza kwati, akunxa-
ma ukusaba, wawa, waba sisiqwala. Laye
igama lake lingu-Mefiboshete.
5 Basuka bahamba onyana baka-Rimone
um-Berote, u-Rekabe no-Bahana, beza
endhlwini ka-Shiboshete yakufudumala
immini; waye yena elele emandhlalweni
emmini enkulu. 6 Baza bangena kona
kude kwapakati kwendhlu, njengokungati
bebezeka innqolowa, bambeta esiswini:
bati u-Rekabe no-Bahana umzalwana wake
basinda. 7 Ngokuba, bakungena endhlwi-
ni, ebelele yena pezu kwomandhlalo
wake enkambilini yake yokulala; bandula
bambeta, bambulala, bamnqumla inkloko,
batabata inkloko yake, bahamba ngendhle-
la yetafa bonke ubusuku. 8 Baza bazisa
inkloko ka-Shiboshete ku-Davide e-Hebro-
ne, bati kukumkani: Nantsi inkloko
ka-Shiboshete, unyana ka-Saule, utshaba
lwako, obefuna ubomi bako; kwa njalo
UYEHOVA wenzele inkosi yami ukumkani
impindezelo namhla nje kuye u-Saule na-
kuyo inzalo yake.
9 Koko u-Davide wapendula u-Rekabe
no-Bahana umzalwana wake, onyana baka-
Rimone um-Berote, wati kubo: Ehleli nje
UYEHOVA, okululeyo umpefumlo wami kubo
bonke ubunzima; 10 xeshekweni lowo
owandixelela ngokuti: Bona ke, u-Saule
ufile; obenjengozisayo indaba ezilungileyo
kwawake amehlo; ndambamba ke, ndam-
bulala e-Tsikilage; *obeba* ndiya kumnika
umvuzo wendaba: 11 kwoba kangakana-
nina ngakumbi, nxa amadoda akohlakeleyo
abulele indoda elungileyo endhlwini yayo
pezu kwomandhlalo wayo? ngako kaloku,
andiyi kubiza na igazi layo ezandhleni
zenu, ndisuse nina emhlabeni? 12 Waza
u-Davide wayalela amadodana ake, aza
ababulala, anqumla izandhla zabo nennya-
wo zabo, abaxoma ngasecibini e-Hebrone:
kodwa inkloko ka-Shiboshete ayitabata,
ayinewaba enewabeni lika-Abenere e-
Hebrone.

5 ZANDULA zonke izizwe zo-Sirayeli
zeza ku-Davide e-Hebrone, zatsho zisi-
ti: Bona ke, silitambo lako nennyama
yako tina. 2 Kanjako kwa ngapambili,
xeshekweni u-Saule abengukumkani pezu
kwetu, ebenguwe owapumisa nowangenisa
o-Sirayeli; kanjalo UYEHOVA wati kuwe:
Wena uya kwalusa abantu bami o-Sirayeli,
wauya kuba yinkosi pezu kwo-Sirayeli.
3 Ngako 'bonke abadala bo-Sirayeli beza
kukumkani e-Hebrone; waye ukumkani
u-Davide wenza ucebano nabo e-Hebrone
ebusweni BUKAYEHOVA; baza bamtambisa
u-Davide abe ngukumkani pezu kwo-Sira-
yeli.
4 Waye u-Davide ebeyiminyaka ima-
shumi matatu ubudala bake, akuba ngu-
kumkani; wapata ubukumkani iminyaka
yamashumi mane. 5 E-Hebrone wapata
ubukumkani pezu kwo-Juda iminyaka isi-
xenxe nennyanga zintandatu; nase-Yeru-
saleme wapata ubukumkani iminyaka
yamashumi matatu anamitatu pezu kwabo
bonke o-Sirayeli no-Juda.
6 Waza waya ukumkani namadoda ake
e-Yerusaleme kuwo ama-Yebusi, abemi be-
lozwe: atsho ke ku-Davide esiti: Akuyi
kungena apa, ungekazikwelelisanga imfa-
ma neziqwala; *oko* kukuti: u-Davide akayi
kungena apa. 7 Wati u-Davide noko wa-
timba innqaba ye-Ziyone, ekwa siso isixeko
sika-Davide. 8 Wayesiti u-Davide ngalo-
mhla: Osukuba ebeta ama-Yebusi, afikelele
emjelweni, *abete* nemfama neziqwala eziti-
ywayo ngumpefumlo ka-Davide, *kwa yena
uya kuba yinkloko nenkosi.* Ngako oko be-
kutiwa: Oyimfama nosisiqwala akayi ku-
ngena endhlwini.
9 Wandula u-Davide wahlala emnqatye-
ni, wayibiza ngokuti sisixeko sika-Davide.
Waza u-Davide waka ngokuti ngqonga,
*kutabata* e-Milo nangapakati. 10 Waye u-
Davide wamana ehambisa, waba mkulu;
ngokuba UYEHOVA, UTIXO wemikosi, ebe-
naye.
11 Kanjalo u-Hirame, ukumkani we-
Tire, watuma izigidimi ku-Davide, nemiti
yesedare, nenncibi zemiti, nenncibi zama-
tye zodonga; zaye zimakela u-Davide
indhlu. 12 Waza wanakana u-Davide
ukuba UYEHOVA ebemqinisile ukuba ngu-
kumkani pezu kwo-Sirayeli, nokuba ebe-
pakamisile ubukumkani bake ngennxa
yabantu bake o-Sirayeli.
13 Walekela u-Davide ukuzeka ama-
shweshwe nabafazi e-Yerusaleme, emveni
kwokuvela kwake e-Hebrone; kwaza
kwamzalelwa u-Davide kanjako onyana
nentombi. 14 Nanga amagama abo aba-
bemzalelwa e-Yerusaleme: u-Shamuha, no-
Shobabe, no-Natane, no-Solomone, 15 no-
Yibare, no-Elishuba, no-Nefege, no-Yafiha,
16 no-Elishama, no-Eliyada, no-Elifelete.



University of Fort Hare

17 Kwati kwakuviwa ngama-Filistiya
ukuba bamtambisile u-Davide abe ngiku-
mkani pezu kwo-Sirayeli, andula enyuka
onke ama-Filistiya ukuya kumfuna u-
Davide. Waza u-Davide, akuva *oko*, wehla
waya ennqatyeni. 18 Ada eza ama-Fili-
stiya, azitwabulula emhlanjeni wama-Rafa.
19 Waza u-Davide wabuza KUYEHOVA,
esiti: Ndiya kunyuka na ngakuwo ama-
Filistiya? wowanikela esandhleni sami
na? Wayesiti UYEHOVA ku-Davide: Nyu-
ka; ngokuba ngennyaniso ndiya kunikela
ama-Filistiya esandhleni sako. 20 Wa-
ndula u-Davide weza e-Bali-peratsime;
wawabeta kona u-Davide, wati: UYEHOVA
utyobozele ezintshabeni zami ebusweni
bami njengesityobozelo samanzi. Ngako
oko kwabizwa igama lalondawo ngokuti
yi-Bali-peratsime.* 21 Ayeshiya kona
amadalo awo; baza u-Davide namadoda
ake bawasusa.
22 Apinda kanjako ama-Filistiya uku-
nyuka, azitwabulula emhlanjeni wama-
Rafa. 23 Waza u-Davide wabuza KUYE-
HOVA, owati: Akuyi kunyuka; kodwa
zekelela ukuya ngasemva kwawo, uwafikele
malungana nemiti yebaka. 24 Kwakuya
kuti, nxa uvayo isandi sokuhanjwa ezin-
ncameni zemiti yebaka, wandule unxame;
ngokuba oko UYEHOVA esel' epumile pambi
kwako, ukubeta umkosi wama-Filistiya.
25 Wenje njalo u-Davide, njengokuba u-
YEHOVA ebemyalele; wabeta ama-Filistiya
kwa se-Geba kude kwafikwa e-Gezere.

6 WABUYA wahlanganisa u-Davide
bonke abanyuliweyo bakwa-Sirayeli,
bengamawaka amashumi matatu. 2 Wa-
yesuka u-Davide, wemka nabantu bonke
ababenaye e-Bahale-juda, ukunyusa kwa
kona ityeya KATIXO, ekupezu kwayo igama
libizwayo, igama LIKAYEHOVA wemikosi,
ohlala pakati kwekerubime.
3 Baza bakwelisa ityeya KATIXO ennqwe-
lweni entsha, bayisusa endhlwini ka-Abi-
nadabi, ebise-Gibeha: bati u-Huza no-
Ahiyo, onyana baka-Abinadabi, babexesha
lonnqwelo entsha. 4 Kekaloku bakuyisusa
endhlwini ka-Abinadabi, ebise-Gibeha,
kunye netyeya KATIXO, waza u-Ahiyo wa-
hamba pambi kwetyeya. 5 Bandula u-
Davide nayo yonke indhlu ka-Sirayeli
badhlala ebusweni BUKAYEHOVA, ngezinto
zonke *zokuculisa ezenziweyo* ngemiti yebero-
she, kwa ngehadi, nangenebele, nangenta-
mbula, nangezikencezelo, nangesimbali.
6 Kwati kwakufikwa esibayeni sokubula
sika-Nakone, waza u-Huza wasolula *isa-
ndhla sake* ngakuyo ityeya KATIXO, wayiba-
mba; ngokuba inkabi bezikùbeka. 7 Ya-
ndula ingqumbo KAYEHOVA yavuta ngakuye
u-Huza; waye UTIXO wambeta kona ngen-
nxa yesiposo eso; waza wafa kwa kona
ngasetyeyeni KATIXO. 8 Wasuka waqumba
u-Davide ngennxa yokuba UYEHOVA ebe-
nzile isityobozelo pezu kwo-Huza; ngako
wayibiza londawo ngokuti yi-Peretse-
huza,* kude kwanamhla nje. 9 Waza u-
Davide wamoyika UYEHOVA ngalommini,
wayesiti: Yotiwa nina ukuza kumi ityeya
KAYEHOVA? 10 Ngako u-Davide ebenga-
vumi ukuba ityeya KAYEHOVA ipanjukiselwe
kuye esixekweni sika-Davide; kodwa u-
Davide wayishenxisela endhlwini ka-Obe-
di-edome um-Gate. 11 Yaye ityeya KAYE-
HOVA ihleli endhlwini ka-Obedi-edome
um-Gate innyanga zantatu: waza UYEHOVA
watamsanqela u-Obedi-edome, nayo yonke
indhlu yake.
12 Kwaza kwaxelwa kukumkani u-
Davide, kusitwa: UYEHOVA utamsanqele
indhlu ka-Obedi-edome, nako konke anako,
ngennxa yetyeya KATIXO. Waza u-Davide
waya wenyusa ityeya KATIXO endhlwini
ka-Obedi-edome, *wayizisa* esixekweni sika-
Davide ngovuyo. 13 Kwaye kute, xeshe-
kweni abo batwala ityeya KAYEHOVA bebe-
hambile amanyatela amatandatu, wandula
wabingelela inkabi nenkomo ezityetyisi-
weyo. 14 Waye u-Davide waduda ngawo
onke amandhla *ake* ebusweni BUKAYEHOVA;
kanjako u-Davide wabinqwa ngeyefodi
yeqiya. 15 Kwa njalo u-Davide nayo
yonke indhlu ka-Sirayeli benyusa ityeya
KAYEHOVA, ngokumemeza, nangenklokoma
yexilongo.
16 Kwaza kwati, yakufika ityeya KAYE-
HOVA esixekweni sika-Davide, u-Mikali,
intombi ka-Saule, wakangela ngefenstile,
wabona ukumkani u-Davide exùma eduda
nokududa ebusweni BUKAYEHOVA; wandula
wamdela enkliziyweni yake.
17 Baza bangenisa ityeya KAYEHOVA, ba-
yimisa endaweni yayo, pakati kwentente
ebe yolulelwe yona ngu-Davide: wati u-
Davide wanikela amadini okutshiswa ne-

* *Oko kukuti:* Yindawo yezityobozelo.

* *Oko kukuti:* Isityobozelo sika-Huza.



University of Fort Hare

tane e-Yezerele; waza umondhlikazi wake
wamtabata, wesaba: kwaza kwati, akunxa-
ma ukusaba, wawa, waba sisiqwala. Laye
igama lake lingu-Mefiboshete.
5 Basuka bahamba onyana baka-Rimone
um-Berote, u-Rekabe no-Bahana, beza
endhlwini ka-Shiboshete yakufudumala
immini; waye yena elele emandhlalweni
emmini enkulu. 6 Baza bangena kona
kude kwapakati kwendhlu, njengokungati
bebezeka innqolowa, bambeta esiswini:
bati u-Rekabe no-Bahana umzalwana wake
basinda. 7 Ngokuba, bakungena endhlwi-
ni, ebelele yena pezu kwomandhlalo
wake enkambilini yake yokulala; bandula
bambeta, bambulala, bamnqumla inkloko,
batabata inkloko yake, bahamba ngendhle-
la yetafa bonke ubusuku. 8 Baza bazisa
inkloko ka-Shiboshete ku-Davide e-Hebro-
ne, bati kukumkani: Nantsi inkloko
ka-Shiboshete, unyana ka-Saule, utshaba
lwako, obefuna ubomi bako; kwa njalo
UYEHOVA wenzele inkosi yami ukumkani
impindezelo namhla nje kuye u-Saule na-
kuyo inzalo yake.
9 Koko u-Davide wapendula u-Rekabe
no-Bahana umzalwana wake, onyana baka-
Rimone um-Berote, wati kubo: Ehleli nje
UYEHOVA, okululeyo umpefumlo wami kubo
bonke ubunzima; 10 xeshekweni lowo
owandixelela ngokuti: Bona ke, u-Saule
ufile; obenjengozisayo indaba ezilungileyo
kwawake amehlo; ndambamba ke, ndam-
bulala e-Tsikilage; *obeba* ndiya kumnika
umvuzo wendaba: 11 kwoba kangakana-
nina ngakumbi, nxa amadoda akohlakeleyo
abulele indoda elungileyo endhlwini yayo
pezu kwomandhlalo wayo? ngako kaloku,
andiyi kubiza na igazi layo ezandhleni
zenu, ndisuse nina emhlabeni? 12 Waza
u-Davide wayalela amadodana ake, aza
ababulala, anqumla izandhla zabo nennya-
wo zabo, abaxòma ngasecibini e-Hebrone:
kodwa inkloko ka-Shiboshete ayitabata,
ayincwaba encwabeni lika-Abenere e-
Hebrone.

5 ZANDULA zonke izizwe zo-Sirayeli
zeza ku-Davide e-Hebrone, zatsho zisi-
ti: Bona ke, silitambo lako nennyama
yako tina. 2 Kanjako kwa ngapambili,
xeshekweni u-Saule abengukumkani pezu
kwetu, ebenguwe owapumisa nowangenisa
o-Sirayeli; kanjalo UYEHOVA wati kuwe:
Wena uya kwalusa abantu bami o-Sirayeli,
wauya kuba yinkosi pezu kwo-Sirayeli.
3 Ngako bonke abadala bo-Sirayeli beza
kukumkani e-Hebrone; waye ukumkani
u-Davide wenza ucebano nabo e-Hebrone
ebusweni BUKAYEHOVA; baza bamtambisa
u-Davide abe ngukumkani pezu kwo-Sira-
yeli.
4 Waye u-Davide ebeyiminyaka ima-
shumi matatu ubudala bake, akuba ngu-
kumkani; wapata ubukumkani iminyaka
yamashumi mane. 5 E-Hebrone wapata
ubukumkani pezu kwo-Juda iminyaka isi-
xenxe nennyanga zintandatu; nase-Yeru-
saleme wapata ubukumkani iminyaka
yamashumi matatu anamitatu pezu kwabo
bonke o-Sirayeli no-Juda.
6 Waza waya ukumkani namadoda ake
e-Yerusaleme kuwo ama-Yebusi, abemi be-
lozwe: atsho ke ku-Davide esiti: Akuyi
kungena apa, ungekazikwelelisanga imfa-
ma neziqwala; *oko* kukuti: u-Davide akayi
kungena apa. 7 Wati u-Davide noko wa-
timba innqaba ye-Ziyone, ekwa siso isixeko
sika-Davide. 8 Wayesiti u-Davide ngalo-
mhla: Osukuba ebeta ama-Yebusi, afikelele
emjelweni, *abete* nemfama neziqwala eziti-
ywayo ngumpefumlo ka-Davide, *kwa yena
uya kuba yinkloko nenkosi.* Ngako oko be-
kutiwa: Oyimfama nosisiqwala akayi ku-
ngena endhlwini.
9 Wandula u-Davide wahlala emnqatye-
ni, wayibiza ngokuti sisixeko sika-Davide.
Waza u-Davide waka ngokuti ngqonga,
*kutabata* e-Milo nangapakati. 10 Waye u-
Davide wamana ehambisa, waba mkulu;
ngokuba UYEHOVA, UTIXO wemikosi, ebe-
naye.
11 Kanjalo u-Hirame, ukumkani we-
Tire, watuma izigidimi ku-Davide, nemiti
yesedare, nenncibi zemiti, nenncibi zama-
tye zodonga; zaye zimakela u-Davide
indhlu. 12 Waza wanakana u-Davide
ukuba UYEHOVA ebemqinisile ukuba ngu-
kumkani pezu kwo-Sirayeli, nokuba ebe-
pakamisile ubukumkani bake ngenuxa
yabantu bake o-Sirayeli.
13 Walekela u-Davide ukuzeka ama-
shweshwe nabafazi e-Yerusaleme, emveni
kwokuvela kwake e-Hebrone; kwaza
kwamzalelwa u-Davide kanjako onyana
nentombi. 14 Nanga amagama abo aba-
bemzalelwa e-Yerusaleme: u-Shamuha, no-
Shobabe, no-Natane, no-Solomone, 15 no-
Yibare, no-Elishuba, no-Nefege, no-Yafiha,
16 no-Elishama, no-Eliyada, no-Elifelete.



University of Fort Hare

17 Kwati kwakuviwa ngama-Filistiya
ukuba bamtambisile u-Davide abe nguku-
mkani pezu kwo-Sirayeli, andula enyuka
onke ama-Filistiya ukuya kumfuna u-
Davide. Waza u-Davide, akuva *oko*, wehla
waya ennqatyeni. 18 Ada eza ama-Fili-
stiya, azitwabulula emhlanjeni wama-Rafa.
19 Waza u-Davide wabuza KUYEHOVA,
esiti: Ndiya kunyuka na ngakuwo ama-
Filistiya? wowanikela esandhleni sami
na? Wayesiti UYEHOVA ku-Davide: Nyu-
ka; ngokuba ngennyaniso ndiya kunikela
ama-Filistiya esandhleni sako. 20 Wa-
ndula u-Davide weza e-Bali-peratsime;
wawabeta kona u-Davide, wati: UYEHOVA
utyobozele ezintshabeni zami ebusweni
bami njengesityobozelo samanzi. Ngako
oko kwabizwa igama lalondawo ngokuti
yi-Bali-peratsime.* 21 Ayeshiya kona
amadalo awo; baza u-Davide namadoda
ake bawasusa.

22 Apinda kanjako ama-Filistiya uku-
nyuka, azitwabulula emhlanjeni wama-
Rafa. 23 Waza u-Davide wabuza KUYE-
HOVA, owati: Akuyi kunyuka; kodwa
zekelela ukuya ngasemva kwawo, uwafikele
malungana nemiti yebaka. 24 Kwakuya
kuti, nxa uvayo isandi sokuhanjwa ezin-
ncameni zemiti yebaka, wandule unxame;
ngokuba oko UYEHOVA esel' epumile pambi
kwako, ukubeta umkosi wama-Filistiya.
25 Wenje njalo u-Davide, njengokuba U-
YEHOVA ebemyalele; wabeta ama-Filistiya
kwa se-Geba kude kwafikwa e-Gezere.

6 WABUYA wahlanganisa u-Davide
bonke abanyuliweyo bakwa-Sirayeli,
bengamawaka amashumi matatu. 2 Wa-
yesuka u-Davide, wemka nabantu bonke
ababenaye e-Bahale-juda, ukunyusa kwa
kona ityeya KATIXO, ekupezu kwayo igama
libizwayo, igama LIKAYEHOVA wemikosi,
ohlala pakati kwekerubime.

3 Baza bakwelisa ityeya KATIXO ennqwe-
lweni entsha, bayisusa endhlwini ka-Abi-
nadabi, ebise-Gibeha: bati u-Huza no-
Ahiyo, onyana baka-Abinadabi, babexesha
lonnqwelo entsha. 4 Kekaloku bakuyisusa
endhlwini ka-Abinadabi, ebise-Gibeha,
kunye netyeya KATIXO, waza u-Ahiyo wa-
hamba pambi kwetyeya. 5 Bandula u-
Davide nayo yonke indhlu ka-Sirayeli
badhlala ebusweni BUKAYEHOVA, ngezinto
zonke *zokuculisa ezenziweyo* ngemiti yebero-
she, kwa ngehadi, nangenebele, nangenta-
mbula, nangezikencezelo, nangesimbali.
6 Kwati kwakufikwa esibayeni sokubula
sika-Nakone, waza u-Huza wasolula *isa-
ndhla sake* ngakuyo ityeya KATIXO, wayiba-
mba; ngokuba inkabi bezikùbeka. 7 Ya-
ndula ingqumbo KAYEHOVA yavuta ngakuye
u-Huza; waye UTIXO wambeta kona ngen-
nxa yesiposo eso; waza wafa kwa kona
ngasetyeyeni KATIXO. 8 Wasuka waqumba
u-Davide ngennxa yokuba UYEHOVA ebe-
nzile isityobozelo pezu kwo-Huza; ngako
wayibiza londawo ngokuti yi-Peretse-
huza,* kude kwanamhla nje. 9 Waza u-
Davide wamoyika UYEHOVA ngalommini,
wayesiti: Yotiwa nina ukuza kumi ityeya
KAYEHOVA? 10 Ngako u-Davide ebenga-
vumi ukuba ityeya KAYEHOVA ipanjukiselwe
kuye esixekweni sika-Davide; kodwa u-
Davide wayishenxisela endhlwini ka-Obe-
di-edome um-Gate. 11 Yaye ityeya KAYE-
HOVA ihleli endhlwini ka-Obedi-edome
um-Gate innyanga zantatu: waza UYEHOVA
watamsanqela u-Obedi-edome, nayo yonke
indhlu yake.

12 Kwaza kwaxelwa kukumkani u-
Davide, kusitwa: UYEHOVA utamsanqele
indhlu ka-Obedi-edome, nako konke anako,
ngennxa yetyeya KATIXO. Waza u-Davide
waya wenyusa ityeya KATIXO endhlwini
ka-Obedi-edome, *wayizisa* esixekweni sika-
Davide ngovuyo. 13 Kwaye kute, xeshe-
kweni abo batwala ityeya KAYEHOVA bebe-
hambile amanyatela amatandatu, wandula
wabingelela inkabi nenkomo ezityetyisi-
weyo. 14 Waye u-Davide waduda ngawo
onke amandhla *ake* ebusweni BUKAYEHOVA:
kanjako u-Davide wabinqwa ngeyefodi
yeqiya. 15 Kwa njalo u-Davide nayo
yonke indhlu ka-Sirayeli benyusa ityeya
KAYEHOVA, ngokumemeza, nangenklokoma
yexilongo.

16 Kwaza kwati, yakufika ityeya KAYE-
HOVA esixekweni sika-Davide, u-Mikali,
intombi ka-Saule, wakangela ngefenstile,
wabona ukumkani u-Davide exùma eduda
nokududa ebusweni BUKAYEHOVA; wandula
wamdela enkliziyweni yake.

17 Baza bangenisa ityeya KAYEHOVA, ba-
yimisa endaweni yayo, pakati kwentente
ebe yolulelwe yona ngu-Davide: wati u-
Davide wanikela amadini okutshiswa ne-

* *Oko kukuti:* Yindawo yezityobozelo.

* *Oko kukuti:* Isityobozelo sika-Huza.





University of Fort Hare
Together in Excellence

minikelo yoxolo ebusweni BUKAYEHOVA.
18 Xeshekweni u-Davide abegqibile uku-
nikela amadini okutshiswa neminikelo
yoxolo, wandula wabatamsanqelisa abantu
egameni LIKAYEHOVA wemikosi. 19 Ka-
njalo wabela kubo bonke abantu, kuso
sonke isihlwele sama-Sirayeli, kwa kuwo
amadoda nakubo abafazi, kwabanye nga-
banye isimbana lesonka, nesiqendu *sen-
nyama*, negubu *leveyine*. Bada bemka bo-
nke abantu baya abanye ngabanye ezin-
dhlwini zabo.

20 Wandula wabuya u-Davide ukuya
kutamsanqelisa indhlu yake. Waza wa-
puma u-Mikali, intombi ka-Saule, ukuza
kumkaulela u-Davide, wati: Hai ukube-
keka kwokumkani wo-Sirayeli namhla,
obezihluba namhla emehlweni ezicakakazi
zezicaka zake, njengokuba omnye waba-
ntu abangendawo ezihluba ekuhleni! 21
Kodwa u-Davide wati ku-Mikali; Ebu-
sweni BUKAYEHOVA, ondinyulileyo pezu
kwoyihlo, napezu kwayo yonke indhlu
yake, ukundimisa inkosi pezu kwabantu
BAKAYEHOVA, pezu kwo-Sirayeli; ewe,
ebusweni BUKAYEHOVA ndiya kudhlala:
22 ndandiya kudeleka ngakumbi pezu
kwoku, ndibe yinto etobekileyo emehlwe-
ni ami; napakati kwezicakakazi obuteta
ngazo, pakati kwazo ndiya kubekeka. 23
Ngako u-Mikali, intombi ka-Saule, waye-
ngenamntwana kwada kwakuwo umhla
wokufa kwake.

7 KWABEKUTE, nxa ukumkani abehleli
endhlwini yake, akuba UYEHOVA ebem-
nikile ukupumla ngento engqongayo kuzo
zonke intshaba zake; 2 wandula ukumka-
ni wati ku-Natane umprofite: Kangela ke,
mina ndihleli endhlwini yesedare, kodwa
ityeya KAYEHOVA ihleli pakati kweziku-
selo. 3 Waza u-Natane wati kukumkani:
Hamba, ukwenze konke okusenkliziyweni
yako; ngokuba UYEHOVA enawe.

4 Kwaye kute ngobobusuku, kweza ili-
zwi LIKAYEHOVA ku-Natane, lisiti: 5 Ha-
mba uti kuso isicaka sami, ku-Davide:
Utsho UYEHOVA ukuti: Kaneno wena
uya kundakela indhlu yokuhlala kwami
na? 6 Ngokuba ndingahlalanga endhlwi-
ni, kwa semhleni ndabendinyusa usapo
luka-Sirayeli e-Jipete, kwada kwanamhla
nje, koko ndihambile ententeni nasetaba-
nakeleni. 7 Kuzo zonke *indawo* apo ndi-
hambile kona pakati kwalo lwonke usapo
luka-Sirayeli, ndiko ndateta ilizwi na
kwesinye sezizwe zo-Sirayeli, endibe ndi-
ziyalele ukwalusa abantu bami o-Sirayeli,
ndisiti: Yinina ukuba anindakeli indhlu
yesedare? 8 Ngako kaloku, uya kutsho
kwisicaka sami, ku-Davide, ukuti: Utsho
UYEHOVA wemikosi ukuti: Mina ndakuta-
bata esibayeni, kwa sekulandeleni igusha,
ukuba ube yinkosi pezu kwabantu bami,
pezu kwo-Sirayeli: 9 ndabendiko nawe
kuzo zonke *indawo* apo ubuhamba kona,
nazo zonke intshaba zako ndizinqamlile
ebusweni bako; kanjalo ndikwenzele iga-
ma elikulu, njengegama labakulu abasem-
hlabeni: 10 ndandiya kumisela abantu
bami o-Sirayeli indawo, ndibatyale, baze
beme endaweni yabo, bangabi sazanya-
zanyiswa; kanjalo usapo lwobumenemene
aluyi kubuya lubabandezele, njengasekn-
qaleni, 11 nakuselokwalomhla ndabendi-
misa abagwebi pezu kwabantu bami o-
Sirayeli; nawe ndikupumzile kuzo zonke
intshaba zako. Kanjako UYEHOVA uyashu-
mayela kuwe, okokuba UYEHOVA uya ku-
kwenzela indhlu. 12 Xeshekweni imihla
yako izalisekile, yokuba uya kulala ooyihlo
bako, ndiya kwandula ndivuse owenzalo
yako emva kwako, oya kuvela ematunjini
ako, ndiqinise ubukumkani bake. 13
Nguye oya kulakela igama lami indhlu,
ndandiya kuqinisa iterone yake kude kube
ngunapakade. 14 Mina ndiya kuba ngu-
yise kuye, naye woba ngunyana kumi.
Ukuba uyenza ngobugwenxa, ndiya kum-
ohlwaya ngoswazi lwabantu, nangezi-
beto zonyana babantu: 15 kodwa ububele
bami abuyi kumka kuye, njengokuba
bendibususa ku-Saule, lowo bendimsusa
kwa pambi kwako. 16 Kwoba kunqabile
indhlu yako nobukumkani bako kude kube
ngunapakade pambi kwako: iterone yako
iya kuqiniswa kude kube ngunapakade.
17 Ngawo onke lamazwi, nangawo wonke
lomboniso, wateta u-Natane ngokunjalo ku-
Davide.

18 Wandula ukumkani u-Davide wa-
ngena wahlala ebusweni BUKAYEHOVA,
wati: Ndingubanina mina, NKOSI, YE-
HOVA? iyinto nina nendhlu yami, ukuba
undizisile kude kwalapa? 19 Oku beku-
sencinane noko emehlweni ako, NKOSI,
YEHOVA! ngokuba utetile kanjalo ngayo
indhlu yesicaka sako kude kube kude.
Eli ke lisiko labantu na, NKOSI, YEHOVA?
20 Yinto nina angasalekela u-Davide uku-



University of Fort Hare

yiteta kuwe? ngokuba wena, Nkosi, Ye-
hova! usazi isicaka sako. 21 Ngennxa
yelizwi lako, nangokweyako inkliziyo,
wenzile zonke ezizinto ezinkulu, ukuba
uzazise kuso isicaka sako. 22 Ngako oko
wena umkulu, Yehova, Tixo! ngokuba
kungeko onjengawe, kanjako akuko utixo
ngapandhle kwako, njengako konke esi-
kuvileyo ngendhlebe zetu. 23 Kanjalo
sisipina isizwe sinye emhlabeni esinjenga-
bantu bako, njengo-Sirayeli; owati utixo
waya ukubakulula babe ngabantu kuye,
nokuzimisela igama, nokunenzela nina
izinto ezinkulu nezoyikekayo elizweni la-
ko, pambi kwabantu bako, obuzikululela
bona e-Jipete, *ebagxota* abaheyideni notixo
babo? 24 Wabuziqinisela abantu bako o-
Sirayeli ukuba ngabantu bako kude kube
ngunapakade; nawe, Yehova! waba ngu-
tixo wabo. 25 Ngako kaloku, Yehova,
Tixo! elolizwi ulitetileyo ngaso isicaka
sako, nangayo indhlu yaso, ulimise kude
kube ngunapakade, wenze njengokuba
utetile. 26 Malenziwe likulu igama lako
kude kube ngunapakade, kuze kutiwe:
Uyehova wemikosi ungutixo pezu kwo-
Sirayeli; nendhlu yesicaka sako u-Davide,
maiqiniswe ebusweni bako. 27 Ngokuba
wena, Yehova wemikosi, Tixo wo-Sirayeli!
utyilele indhlebe yesicaka sako, usiti:
Ndiya kukwakela indhlu; ngako oko isi-
caka sako sifumene enkliziyweni yaso
ukutandaza lomtandazo kuwe. 28 Naka-
loku, Nkosi, Yehova! wena unguye utixo,
namazwi ako ayinnyaniso; nezizinto ezi-
lungileyo uzitetile ngaso isicaka sako:
29 ngako kaloku makukoleke kuwe uku-
tamsanqela indhlu yesicaka sako, ukuba
ibeko ebusweni bako kude kube nguna-
pakade; ngokuba wena, Nkosi, Yehova!
utetile; nangetamsanqeliso lako iya kuta-
nyusanqelwa indhlu yesicaka sako kude
kube ngunapakade.

8 KWABEKUTE emveni kwoku, ukuba
u-Davide wabeta ama-Filistiya, wa-
watobisa; waza u-Davide watabata i-
Metege-ama esandhleni sama-Filistiya.
2 Wabeta nama-Mowabi, wawalinganisa
ngentambo, ewalalisa ngasemhlabeni; wa-
linganisa ngentambo ezimbini zokuba ku-
fiswe, nangentambo ezeleyo yokuba kulo-
ndolozwe ebomini: aza ama-Mowabi aba
ngabakonzi ku-Davide, asa iminikelo.
3 Waza u-Davide wabeta u-Hadadezere,
unyana ka-Rehobi, ukumkani we-Tsoba,
ekuhambeni kwake ukuya kubuyisa ama-
ndhla ake ngasemlanjeni wom-Ferate. 4
Waye u-Davide watimba kuye iwaka *len-
nqwelwana*, namakulu asixenxe abakweli
bamahashe, namawaka angamashumi ma-
bini abahamba ngennyawo; waza u-Davide
wawasika umbotshwa onke *amahashe* en-
nqwelwana; kodwa wasalisa kuwo *a*wen-
nqwelwana zalikulu. 5 Kekaloku ama-
Siriya ase-Damakusi eza ukumnceda u-
Hadadezere ukumkani we-Tsoba; waza
u-Davide wabulala kuwo ama-Siriya ama-
doda angamawaka angamashumi mabini
anamabini. 6 Wandula u-Davide wazi-
beka ilali e-Siriya yase-Damakusi; ati
ama-Siriya aba ngabakonzi ku-Davide, asa
iminikelo. Kwa njalo uyehova wamnceda
u-Davide apo kusukuba ebesiya kona. 7
Wayetabata u-Davide amakaka egolide
abekuzo izicaka zika-Hadadezere, wawa-
zisa e-Yerusaleme. 8 Waye ukumkani u-
Davide kanjalo wayisusa e-Beta, nase-Be-
rotai, izixeko zika-Hadadezere, ixina, into
enninzi kakulu.
9 Kekaloku kwakuviwa ngu-Tohi uku-
mkani we-Hamati, ukuba u-Davide ubetile
wonke umkosi ka-Hadadezere, 10 wandula
u-Tohi watuma u-Yorame unyana wake
ukuya kukumkani u-Davide, ukumbulisa,
nokumtamsanqelisa, ngennxa yokuba ebe-
lwile ngakuye u-Hadadezere wambeta;
(ngokuba u-Tohi ebenzile imfazwe no-
Hadadezere;) nasesandhleni sake beziko
impahla zesilivere, nempahla zegolide,
nempahla zexina. 11 Ezi nazo ukumkani
u-Davide wazenza ngcwele kuyehova, ku-
nye nesilivere negolide abezenze ngcwele
zivela kuzo zonke inklanga ezibe zoyisiwe
nguye: 12 kuwo ama-Siriya, nakuwo ama-
Mowabi, nakulo usapo luka-Hamoni, na-
kuwo ama-Filistiya, nakuwo ama-Amaleki,
nakuwo amaxoba ka-Hadadezere, unyana
ka-Rehobi, ukumkani we-Tsoba.
13 Wandula u-Davide wazenzela igama,
akubuya ekuwabulaleni ama-Siriya emhla-
njeni we-Tyuwa, amawaka alishumi eli-
nesibozo. 14 Waza wazibeka ilali e-
Edome; kuyo yonke i-Edome wazibeka
ilali; ada onke ama-Edome aba ngaba-
konzi ku-Davide.
Kwa njalo uyehova wamnceda u-Davide
apo kusukuba ebesiya kona. 15 Waye u-
Davide wapata ubukumkani pezu kwo-
Sirayeli bonke; kanjako u-Davide wenzela



University of Fort Hare
Together in Excellence

bonke abantu bake ubngwebo nobulungisa.
16 Kekaloku u-Jowabi unyana ka-Tse-
ruya wabepezu kwomkosi; no-Yehosha-
fate unyana ka-Ahilude ebengumku-
mbuzi; 17 kanjako u-Tsadoki unyana ka-
Ahitube, no-Ahimeleki unyana ka-Abiya-
tare, bebengabaperisite; no-Seraya ebe-
ngumbàli; 18 no-Benaya unyana ka-Yoyada
wabepezu kwaba-Kereti naba-Peleti; no-
nyana baka-Davide bebengamanene.

9 WAYESITI u-Davide: Kuseko na ose-
leyo kwindhlu ka-Saule, ukuze ndime-
nzele ububele ngennxa ka-Jonatane? 2
Kwabekuko isicaka sendhlu ka-Saule, esi-
gama belingu-Tsiba; baza bambiza *eze* ku-
Davide. Wandula ukumkani wati kuye:
Wena ungu-Tsiba na? Wayesiti: Isicaka
sako *singuye*. 3 Waza ukumkani wati:
Akuseko na umntu wendhlu ka-Saule,
ukuba ndimenzele ububele BUKATIXO?
Wati u-Tsiba kukumkani: Kuseko unyana
ka-Jonatane, oqwalelayo ngennyawo. 4
Waza ukumkani wati kuye: Upina yena?
Wati u-Tsiba kukumkani: Bona ke, usen-
dhlwini ka-Makire, unyana ka-Hamiyeli,
e-Lo-debare. 5 Wandula watuma uku-
mkani u-Davide, wamtabata endhlwini
ka-Makire, unyana ka-Hamiyeli, e-Lo-
debare.
6 Wati akufika u-Mefiboshete, unyana
ka-Jonatane, unyana ka-Saule, ku-Davide,
wandula wawa ebusweni bake, waziqu-
buda. Wayesiti u-Davide: Mefiboshete!
Wati yena: Nasi isicaka sako! 7 Waza u-
Davide wati kuye: Ungoyiki; ngokuba
ndiya kukwenzela ububele ngennyaniso,
ngennxa ka-Jonatane uyihlo, ndibuyisele
kuwe onke amasimi ka-Saule uyihlo; nawe
uya kumana ukudhla isonka ngasetafileni
yami. 8 Wasuka wazitoba, wati: Isicaka
sako siyinto nina, ukuba ubeke kuyo inja
efileyo enjengami?
9 Wandula ukumkani wambiza u-Tsiba,
isicaka sika-Saule, wati kuye: Konke
okube kukokuka-Saule, nokwayo yonke
indhlu yake, ndikunikile kunyana wen-
kosi yako. 10 Ngako uya kumlimela
umhlaba, wena nonyana bako, nezicaka
zako, ungenise *iziqamo*, ukuze unyana
wenkosi yako abe nesonka, ukuba adhle;
kodwa u-Mefiboshete, unyana wenkosi ya-
ko, womana ukudhla isonka ngasetafileni
yami. Kekaloku u-Tsiba ebenonyana ba-
lishumi elinabahlanu, nezicaka zamashumi
mabini. 11 Waza u-Tsiba wati kuku-
mkani: Njengako konke inkosi yami uku-
mkani isiyalele isicaka sayo, siya kwenje
njalo isicaka sako. Kanjalo u-Mefiboshete,
*watsho ukumkani*, esidhla ngasetafileni ya-
mi, woba njengomnye wonyana bokumka-
ni. 12 Waye u-Mefiboshete enonyana
omncinane, ogama belingu-Mika. Kanjako
bonke ababehlala endhlwini ka-Tsiba,
bebezizicaka kuye u-Mefiboshete. 13 Kwa
njalo u-Mefiboshete wahlala e-Yerusaleme;
ngokuba ebemana ukudhla ngasetafileni
yokumkani: wayesisiqwala ngennyawo
zake zombini.

10 KWAYE kute emveni kwoku, ukuba
ukumkani wosapo luka-Hamoni wa-
buba; waza u-Hanune unyana wake waba
ngukumkani esikundhleni sake. 2 Wa-
ndula u-Davide wati: Ndiya kwenza ubu-
bele ku-Hanune unyana ka-Nahashe, nje-
ngokuba uyise ebebenza ububele kumi.
Waza u-Davide watuma ngesandhla sezi-
caka zake ukumkùza ngaye uyise. Zada
izicaka zika-Davide zafika ezweni losapo
luka-Hamoni. 3 Koko inkosana zosapo
luka-Hamoni zati ku-Hanune inkosi yazo:
u-Davide uyambeka na uyihlo emehlweni
ako, ngokuba ebatumele kuwe abakuzi?
akungennxa yokuba apengulule isixeko
esi, asihlole, asicite, ukuba u-Davide uzi-
tumile izicaka zake kuwe kusinina? 4
Ngako u-Hanune watabata izicaka zika-
Davide, waguya isiqingata sendevu zazo,
watsheca izivato zazo ngokuziqingatisa
ezinnyongeni zazo, wazindulula. 5 Kwati
kwakuxelelwa u-Davide, watuma ukuzi-
kaulela; ngokuba amadoda lawo ebehlazi-
siwe kakulu. Wayesiti ukumkani: Hla-
lani e-Jeriko, zide zikule indevu zenu,
nandule nibuye.
6 Kekaloku lwakubona usapo luka-Ha-
moni ukuba lunukele u-Davide, lwandula
lwatuma usapo luka-Hamoni lwaqesha ku-
ma-Siriya ase-Bete-rehobi, nakuma-Siriya
ase-Tsoba, amawaka angamashumi mabini
abahamba ngennyawo, nakuye ukumkani
we-Mahaka iwaka lamadoda, nakuwo ama-
doda ase-Tobe amawaka alishumi linama-
bini amadoda.
7 Wati u-Davide akuva *oku*, watuma
u-Jowabi nawo wonke umkosi wamagora.
8 Lwaza lwapuma usapo luka-Hamoni,
lwacwangcisela ukulwa ngasemnyango-
wesango; kodwa ama-Siriya ase-Tsoba na-



University of Fort Hare

wase-Rehobi, namadoda ase-Tobe nawase-
Mahaka, ebewodwa ngasendhle. 9 Wati
u-Jowabi, akubona ukuba ubuso bokulwa
bungakuye, ngapambili nangasemva, wa-
nyula *abantu* kubo bonke abanyuliweyo
bakwa-Sirayeli, wabacwangcisa ngakuwo
ama-Siriya: 10 nesisalela sabantu waba-
nikela esandhleni sika-Abishai umninawe
wake, owabacwangcisa ngakulo usapo lu-
ka-Hamoni. 11 Wayesiti: Ukuba ama-
Siriya anamandhla pezu kwami, woza
ukunceda mina; kodwa ukuba usapo luka-
Hamoni lunamandhla pezu kwako, ndoya
ukunceda wena. 12 Yomelela, sizomele-
zele abantu betu nezixeko ZOTIXO wetu;
NOYEHOVA makenze okulungileyo eme-
hlweni ake. 13 Waza wasondela u-Jowabi,
nabantu ababenaye, kuze kuliwe ngakuwo
ama-Siriya; ada esaba pambi kwake. 14
Lwati lwakubona usapo luka-Hamoni
ukuba ama-Siriya esabile, lwandula lwe-
saba nalo pambi kwo-Abishai, lwangena
esixekweni. Waza u-Jowabi wabuya kulo
usapo luka-Hamoni, waya e-Yerusaleme.

15 Xeshekweni ama-Siriya abebona
ukuba oyisiwe pambi kwama-Sirayeli,
andula azihlanganisa ndawonye. 16 Waza
watuma u-Hadarezere, wapumisa ama-Si-
riya abepesheya kwomlambo; asuka eza
e-Helame; wati u-Shovaki, inkosi yempi
ka-Hadarezere, *waya* pambi kwawo. 17
Kwati kwakuxelelwa u-Davide, wahlanga-
nisa onke ama-Sirayeli, wawela i-Yordane,
weza e-Helame. Aza ama-Siriya aziewa-
ngcisa ngakuye u-Davide, alwa naye. 18
Kodwa ama-Siriya esaba pambi kwama-
Sirayeli; waza u-Davide wabulala kuwo
ama-Siriya *amadoda* ennqwelwana ezinga-
makulu asixenxe, nabakweli bamahashe
abangamawaka angamashumi mane; wam-
beta no-Shovaki, inkosi yempi yawo,
owafa kona. 19 Bati bakubona bonke
okumkani abazizicaka zika-Hadarezere,
ukuba boyisiwe pambi kwama-Sirayeli,
bandula benza uxolo nama-Sirayeli, bawa-
konza. Ngako ama-Siriya ebesoyika uku-
lunceda kanjako usapo luka-Hamoni.

11 KWABEKUTE ekutwaseni kwom-
nyaka, ngexesha lokupuma kwabo
okumkani, wandula u-Davide watuma u-
Jowabi, nezicaka zake kunye naye, nawo
onke ama-Sirayeli, ukuya kutshabalalisa
usapo luka-Hamoni, nokuvingcela i-Raba.
Kodwa u-Davide wasala e-Yerusaleme.

2 Kwaza kwati ngexesha lokuhlwa, we-
suka u-Davide emandhlalweni wake, wa-
hamba pezu kwesifulelwa sendhlu yoku-
mkani; wati esesifulelweni wabona umfazi
ezihlamba: kekaloku umfazi lowo ebemhle
kakulu ukubonakala kwake. 3 Waza wa-
tuma u-Davide, wabuza ngalomfazi. Kwa-
ye kusitwa: Lo asi nguye na u-Batesheba,
intombi ka-Elihame, umfazi ka-Huriya
um-Hete? 4 Wandula u-Davide watuma
izigidimi, wamtabata; wati akungena ku-
ye, walala naye; ngokuba ebezihlambu-
lule ekunceoleni kwake: wada wabuyela
endhlwini yake. 5 Waza wakaula umfazi
lowo, watuma wamxelela u-Davide, wati:
Mina ndikaulile. 6 Wandula u-Davide
watuma ku-Jowabi, *esiti:* Tuma kumi u-
Huriya um-Hete. Waza u-Jowabi wamtu-
ma u-Huriya ku-Davide.

7 Wati akufika u-Huriya kuye, wabuza
u-Davide ngokupila kuka-Jowabi, nango-
kupila kwabantu, nangokuhambiseka kwo-
kulwa. 8 Waza wati u-Davide ku-Huriya:
Yihla uye endhlwini yako, uhlambe in-
nyawo zako. Kwati kwakupuma u-Huri-
ya endhlwini yokumkani, kwapuma emva
kwake isabelwa *sokutya* kukumkani. 9
Kodwa u-Huriya walala ngasemnyango
wendhlu yokumkani, ndawonye nazo zonke
izicaka zenkosi yake; akehlela endhlwini
yake. 10 Kwati kwakuxelwa ku-Davide,
kusitwa: u-Huriya akehlelanga endhlwini
yake; wati u-Davide ku-Huriya: Ubunga-
veli ekuhambeni na? yinina ukuba akuhle-
langa endhlwini yako? 11 Wayesiti u-
Huriya ku-Davide: Ityeya, no-Sirayeli, no-
Juda, bahleli ezintenteni; kanjalo inkosi
yami u-Jowabi, nezicaka zenkosi yami, zite
waca ezindhle: kanene mina ndiya ku-
ngena endhlwini yami na, ndidhle, ndi-
sele, ndilale nomfazi wami? *Njengokuba*
uhleli wena, na*njengokuba* uhleli umpe-
fumlo wako, andiyi kuyenza lento. 12
Waza u-Davide wati ku-Huriya: Hlala apa
nanamhla, ndandiya kukundulula ngomso.
Kwa njalo wahlala u-Huriya e-Yerusaleme
ngomhla lowo, nangomhla olandelayo. 13
Wati akuba u-Davide ebemmemile, wadhla
ebusweni bake, wasela nokusela; wada
wamnxilisa: waza wapuma ngokuhlwa
ukuya kulala emandhlalweni wake nda-
wonye nezicaka zenkosi yake; kodwa ake-
hlela endhlwini yake.

14 Kwaye kute kusasa, wabala u-Davide
innewadi ku-Jowabi, wayituma ngesandhla



University of Fort Hare
Together in Excellence

sika-Huriya. 15 Wabàla ennewadini leyo,
esiti : Beka u-Huriya ngasebusweni boku-
lwa okunamandhla, nize nibuye emva
kwake, ukuba abetwe, afe nokufa.
16 Kwabekute, xeshekweni u-Jowabi
abegqalile isixeko, wammisa u-Huriya ku-
londawo apo abesazi ukuba amadoda oburoti
akona. 17 Asuka apuma amadoda esixeko,
alwa no-Jowabi; kwaza kwawa innxennye
yabantu ezicakeni zika-Davide; wafa u-
Huriya um-Hete naye.
18 Wandula watuma u-Jowabi, washu-
mayela ku-Davide zonke indawo zokulwa;
19 wayalela isigidimi ngokuti: Nxa ugqi-
bile ukuteta zonke indawo zokulwa kuye
ukumkani, 20 kwoti ke, ukuba umsindo
wokumkani uya kuvuka, aze ati kuwe:
Yinina ukuba nasondela esixekweni uku-
lwa? anazi na ukuba baya kutola beselu-
dongeni? 21 ngubanina owambeta u-Abi-
meleki unyana ka-Yerubeshete? ebenge-
ngumfazi na owaposa pezu kwake ilitye
lapezulu lokusila kwa seludongeni, wada
wafa e-Tebetse? bekunganina ukuba na-
sondela kulo udonga? wandule uti: Ka-
njako isicaka sako, u-Huriya um-Hete, sifile.
22 Sahamba ke isigidimi eso, seza sam-
shumayeza u-Davide konke u-Jowabi abe-
situmile ngako. 23 Saye sisiti isigidimi
ku-Davide: Ngennyaniso amadoda lawo
ebenamandhla pezu kwetu, apumela kuti
ezindhle; saye sipezu kwawo kwada kwa-
semnyango wesango: 24 bati abatoli ba-
tola ngakuzo izicaka zako beseludongeni;
yaza yafa innxennye yezicaka zokumkani;
kanjako isicaka sako, u-Huriya um-Hete,
sifile naso. 25 Wandula u-Davide wati
kuso isigidimi: Uya kutsho ku-Jowabi
ukuti: Lendawo maingabi ikohlakele eme-
hlweni ako, ngokuba irele lisidhla naló
kwa njengalowo; yomeleza ukulwa kwako
ngakuso isixeko, usicite: uti wena umo-
meleze.
26 Wati akuva umfazi ka-Huriya ukuba
u-Huriya, indoda yake, ufile, wandula wa-
yililela inkosi yake. 27 Naxeshekweni
isililo sidhlulileyo, watuma u-Davide,
wamamkela endhlwini yake; waza waba
ngumfazi wake, wamzalela unyana.
Kodwa lendawo, abeyenzile u-Davide,
ibikohlakele emehlweni KAYEHOVA.

12 Wandula UYEHOVA wamtuma u-Natane
ku-Davide. Waza wangena kuye,
wati kuye: Kwabekuko amadoda amabini
esixekweni sinye, ennye ibisisityebi, en-
nye ibilihlwempu. 2 Esisityebi ibinegu-
sha nenkomo, into enninzi kakulu: 3 ko-
dwa elihlwempu ibingenanto, kupela ya-
netakanekazi legusha linye elincinane,
ebilitengile, nebilipilisile, lada laba likulu
kuyo nakubo abantwana bayo kunye;
ladhla kumtamo wayo, lasela kwindebe
yayo, lalala esifubeni sayo, laba njengen-
tombi kuyo. 4 Kwaza kwafika umhambi
kuyo indoda esisityebi, eyayeka ukutabata
kwigusha zayo nakwinkomo zayo, ukuba
ipekele umhambi obefikile kuyo, kodwa
yatabata itakanekazi lendoda elihlwempu,
yalipekela indoda ebifikile kuyo.
5 Yaza yavuta ingqumbo ka-Davide
ngakuyo indoda leyo kakulu; wayesiti ku-
Natane: Ehleli nje UYEHOVA, indoda eye-
nzileyo lento imelwe kukufa! 6 netaka-
nekazi elo yolibuyekeza ngokukane, ngen-
nxa yokuba iyenzile lento nangennxa
yokuba ibingenanceba.
7 Wandula u-Natane wati ku-Davide:
Nguwe indoda leyo. Utsho UYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli, ukuti: Ndikutambisile ube
ngukumkani pezu kwo-Sirayeli, ndakuhla-
ngula esandhleni sika-Saule; 8 kanjalo
ndikunikile indhlu yenkosi yako, nabafazi
benkosi yako esifubeni sako; ewe ndiku-
nikile indhlu ka-Sirayeli neka-Juda; no-
kuba kube kuncinane *oko*, ngendizongeze-
lele kuwe izinto ezinjengezi nezinjenge-
ziya. 9 Yinina ukuba udelile ilizwi LI-
KAYEHOVA, ngokwenza okukohlakeleyo
emehlweni ake? u-Huriya um-Hete umbe-
tile ngerele, nomfazi wake umtabatile abe
ngumfazi wako; ewe yena umbulele ngerele
losapo luka-Hamoni. 10 Ngako kaloku, irele
aliyi kupambuka endhlwini yako kude kube
ngunapakade; ngennxa yokuba undidelile
mina, nokuba umtabatile umfazi ka-Hu-
riya um-Hete abe ngumfazi wako. 11
Utsho UYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya
kuvusa ngakuwe ububi buvela endhlwini
yako, ndandiya kutabata abafazi bako pa-
mbi kwamehlo ako, ndibanike kummo-
lwane wako, oya kulala nabafazi bako
pambi kwamehlo elanga eli. 12 Ngokuba
wena ubusenza *oko* ngasese; kodwa mina
ndiya kuyenza lento pambi kwabo bonke
o-Sirayeli, napambi kwelanga.
13 Wandula u-Davide wati ku-Natane:
Ndonile ngakuyo UYEHOVA. Waza u-Na-
tane wati ku-Davide: Kanjako UYEHOVA
ususile isono sako; akuyi kufa. 14 Ko-
dwa, ngennxa yokuba uzenzile intshaba



University of Fort Hare

zikaYehova zigxeke kakulu ngalento, kanjalo unyana ozelweyo kuwe uya kufa ngennyaniso. 15 Wemka u-Natane waya endhlwini yake.

Waza uYehova wambeta umntwana obezalelwe u-Davide ngumfazi ka-Huriya, ukuba wabesifa kakulu. 16 Ngako u-Davide wamfuna uTixo ngennxa yomntwana lowo; waza u-Davide wenza inzilo, wangena, walala ubusuku bonke emhlabeni. 17 Bandula besuka abadala bendhlu yake, *baya* kuye, ukuze bamsukise emhlabeni; kodwa ebengavumi, ebengadhli isonka nabo kanjako. 18 Kwaye kute ngomhla wesixenxe ukuba umntwana wabuba. Zaza izicaka zika-Davide zoyika ukumxelela ukuba umntwana ufile; ngokuba bezisiti: Bona ke, nxa umntwana asahleli, sateta naye, kodwa ebengapulapuli ilizwi letu; soti nina ke ukuti kuye: Umntwana ufile? ngokuba eya kuzenzakalisa. 19 Kodwa akubona u-Davide ukuba izicaka zake bezisebezelana, wandula u-Davide waqonda ukuba umntwana ufile; ngako u-Davide wati kuzo izicaka zake: Ufile na umntwana? Zati: Ufile. 20 Waza u-Davide wesuka emhlabeni, wazihlamba, wazitambisa, waguqula izivato zake, wangena endhlwini kaYehova, wabedesha: wandula wangena endhlwini yake; wati akucela, wabekelwa isonka, wadhla ke. 21 Zaza izicaka zake zati kuye: Yinina lento oyenzileyo? ngennxa yomntwana ehleli nje ubuzila ukutya, walila nokulila; kodwa akuba umntwana efile, ubusuka wadhla isonka. 22 Wayesiti: Nxa umntwana asahleli, ndazila ukutya, ndalila nokulila, ngokuba ndibe ndisiti: Ngubanina owaziyo? angati uYehova abe nofefe kumi, ukuba umntwana apile. 23 Kodwa ngoku efile nje, sendiya kuzilela nina? ndingaba nokumbuyisa kanjako na? ndiya kuya kuye, kodwa yena akayi kubuyela kumi.

24 Wandula u-Davide wamtutuzela u-Batesheba umfazi wake, wangena kuye, walala naye; wazala unyana ke; waza wabiza igama lake ngo-Solomone: wati uYehova wamtanda; 25 watuma ngesandhla sika-Natane umprofite, owabiza igama lake ngo-Yedidiya,* ngennxa kaYehova.

26 Kekaloku u-Jowabi walwa ngakuyo i-Raba yosapo luka-Hamoni, wasitimba isixeko sobukumkani. 27 Waza u-Jowabi watuma izigidimi ku-Davide, wati: Ndilwile ngakuyo i-Raba, kanjako ndisitimbile isixeko samanzi: 28 ngako kaloku, hlanganisa isisalela sabantu, usiraule isixeko, usitimbe; hleze ndiya kusitimba isixeko mina, lize igama lami libizwe pezu kwaso. 29 Wandula u-Davide wahlanganisa bonke abantu, waya e-Raba, walwa ngakuyo, wayitimba. 30 Wayesusa isitsaba sokumkani walo enklokweni yake, esibe siyitalente yegolide ukuba nzima kwaso, sinamatye anqabileyo; saye si*bekwa* pezu kwenkloko ka-Davide: namaxoba esixeko wawapumisa ngento enninzi kakulu: 31 nabantu ababekuso wabapumisa, wababeka pantsi kwesara, napantsi kwezibulo zesincete, napantsi kwezixenxe zesincete, wabadhlulisa endaweni yokugqwagqwa izitene: wenje njalo ke kuzo zonke izixeko zosapo luka-Hamoni. Waza u-Davide wabuyela e-Yerusaleme, nabo bonke abantu.

13 KWAYE kute emveni kwoku, ukuba u-Abasalome unyana ka-Davide ebenodade eyinzwakazi, ogama belingu-Tamare; waye u-Amnone unyana ka-Davide wamtanda. 2 Kwaza kwabuhlungu ku-Amnone kangaka, wada wazenzela isifo ngennxa ka-Tamare udade wake; ngokuba ebeyintombi ipela; ngako bekunqabile emehlweni ka-Amnone ukwenza into kuye. 3 Kodwa u-Amnone ebenomhlobo, ogama belingu-Yonadabi, unyana ka-Shimeha umzalwana ka-Davide; kanjalo u-Yonadabi ebeyindoda elumkileyo kakulu. 4 Wayesiti kuye: Yinina ukuba wena, ungunyana wokumkani nje, unqinile kangaka ngemiso ngemiso? akuyi kundixelela na? Wandula u-Amnone wati kuye: Ndiyamtanda u-Tamare, udade ka-Abasalome umzalwana wami. 5 Waza u-Yonadabi wati kuye: Lala pezu kwomandhlalo wako, uzenzise uyafa; nanxa uyihlo aya kuza ukuba akubone, yiti kuye: Makeze ke u-Tamare udade wami, andidhlise isonka, alungise ukutya pambi kwamehlo ami, ukuze ndibonele, ndidhle kwa sesandhleni sake. 6 Walala ke u-Amnone, wazenzisa uyafa: kekaloku akuba ukumkani ebeze ukumbona, wati u-Amnone kukumkani: Makeze ke u-Tamare udade wami, enze izonkana zibe zibini pambi kwamehlo ami, ndizo ndidhle kwa sesandhleni sake.

* *Oko kukuti:* Umtandwa kaYehova.



University of Fort Hare
Together in Excellence

7 Wandula u-Davide watumela ku-Ta-
mare endhlwini, esiti: Kauhambe ke uye
endhlwini ka-Amnone umzalwana wako,
uze umlungisele ukutya. 8 Wahamba
u-Tamare waya endhlwini ka-Amnone
umzalwana wake; waye yena elele. Waza
watabata inklama, wayibuca, wenza izo-
nkana pambi kwamehlo ake, wazoja izo-
nkana ezo kanjalo. 9 Waza watabata uka-
mba, wagalela pambi kwake; kodwa wala
ukudhla. Wayesiti u-Amnone: Pumisani
onke amadoda kumi; aza onke amadoda
apuma kuye. 10 Wandula u-Amnone
wati ku-Tamare: Zisa ukutya enkambi-
lini *apa*, ndidhle kwa sesandhleni sako.
Waza u-Tamare watabata izonkana abeze-
nzile, weza nazo ku-Amnone umzalwana
wake enkambilini. 11 Kekaloku akuzi-
sondeza kuye ukuba adhle, wambamba,
wati kuye: Yiza, lala nami, dade wami!
12 Koko wati kuye: Hai, mzalwana wa-
mi! ungandidhlwenguli; ngokuba kunge
kungenziwa okunjalo kwa-Sirayeli: zunge-
nzi lento ehlazekileyo: 13 ngokuba mina,
ndiya kuya ngapina nehlazo lami? nawe,
uya kuba njengelinye lamabedengu kwa-
Sirayeli: ngako kaloku, kautete nokumka-
ni; ngokuba engayi kundibamba kuwe.
14 Kodwa akavuma ukupulapula ilizwi
lake; wati, enamandhla pezu kwake nje,
wamdhlwengula, walala naye.

15 Wandula u-Amnone wamtiya ngen-
tiyo enkulu kakulu; ngokuba intiyo
abemtiya ngayo, ibinkulu pezu kwotando
abemtandile ngalo. Wati u-Amnone kuye:
Suka, umke. 16 Wayesiti kuye: Akuko
'ndawo; lenkohlakalo yokundindulula
inkulu pezu kwennye ubuyenza kumi.
Kodwa akavuma ukumpulapula. 17 Waza
wabiza isicaka sake esimkonzayo, wati:
Kupani ke lo kumi aye pandhle, utshixe
ucango emva kwake. 18 Kekaloku ingubo
yamabala ngamabala ibipezu kwake: ngo-
kuba intombi zokumkani, ezibe zizintombi
zipela, bezivatiswa ngengubo ezinjalo.
Waza umkonzi wake wampumisela pa-
ndhle, watshixa ucango emva kwake.

19 Wandula u-Tamare wabeka ututu
pezu kwenkloko yake, warazula ingubo ya-
mabala ngamabala ebipezu kwake, wabeka
isandhla sake pezu kwenkloko yake, waha-
mba wamana ekala. 20 Waza wati u-Abasa-
lome umzalwana wake kuye: u-Amnone,
umzalwana wako, wabeko nawe na? kodwa
kaloku, dade wami! yiti cwaka, engumza-
lwana wako nje; ungabeki inkliziyo yako
kulento. Waye u-Tamare wahlala eyedwa
endhlwini ka-Abasalome umzalwana wake.

21 Wati akuva ukumkani u-Davide zo-
nke ezizinto, waqumba kakulu. 22 Ko-
dwa u-Abasalome ebengateti no-Amnone,
kwa nokukohlakeleyo nokulungileyo; ngo-
kuba u-Abasalome ebemtiya u-Amnone,
ngendawo yokuba ebedhlwengule u-Ta-
mare udade wake.

23 Kwaye kute emva kweminyaka mi-
bini, ukuba u-Abasalome wabenabacebi e-
Bali-hatsore, engakwa-Frayime; wandula
u-Abasalome wamema bonke onyana boku-
mkani. 24 Kanjalo u-Abasalome weza ku-
kumkani, wati: Bona ke, isicaka sako si-
nabacebi; makaye ke ukumkani nezicaka
zake kunye nesicaka sako. 25 Kodwa
ukumkani wati ku-Abasalome: Hai, nyana
wami! masingayi ke tina sonke, ukuze si-
ngabi nzima pezu kwako. Waza wamqùba;
koko ebengavumi ukuya, kodwa wamta-
msanqela. 26 Wandula u-Abasalome wati:
Ukuba akungebe *njalo*, makaye ke na-
ti u-Amnone umzalwana wami. Waza
ukumkani wati kuye: Kunganina ukuba
aye nawe? 27 Kodwa u-Abasalome wam-
qùba, wada watuma naye u-Amnone nabo
bonke onyana bokumkani.

28 Kekaloku u-Abasalome wayalela izi-
caka zake, esiti: Gqalani ke nxa inkliziyo
ka-Amnone icwayitile ngeveyine, nanxa
nditi kuni: Mbeteni u-Amnone; nandule
nimfise, ningoyiki: asi ndimi na oniyale-
leyo? yomelelani, nibe ngamadoda obu-
roti. 29 Zaza izicaka zika-Abasalome ze-
nza kuye u-Amnone, njengokuba u-Abasa-
lome ebeziyalele. Bandula besuka bonke
onyana bokumkani, bakwela abanye nga-
banye pezu kwamaqwarara abo, babaleka.

30 Kwaye kute, nxa basendhleleni,
zafika indaba ku-Davide zokuti: u-
Abasalome ubabulele bonke onyana boku-
mkani, akuko namnye kubo oseleyo. 31
Waselesuka ukumkani, warazula izivato
zake, walala emhlabeni; kanjalo zonke
izicaka zake zema *kona* zinengubo ezirazu-
kileyo. 32 Waza u-Yonadabi, unyana ka-
Shimeha umzalwana ka-Davide, wapendula
wati: Maingati inkosi yami kufisiwe onke
amadodana, onyana bokumkani; ngokuba
u-Amnone yedwa efile: ngokuba ngelizwi
lika-Abasalome kumiselwe *oku*, kuselokwa-
lomhla wamdhlwengulayo u-Tamare udade
wake. 33 Ngako kaloku, inkosi yami



University of Fort Hare

ukumkani maingabekeli lento inkliziyo
yayo, ukuti bonke onyana bokumkani ba-
file; ngu-Amnone yedwa ofileyo. 34 Ko-
dwa u-Abasalome wesaba.
Yati indodana ebingumlindi yapakamisa
amehlo ayo, yakangela, kekaloku naba
abantu abaninzi besiza endhleleni emva
kwayo ngasecaleni lentaba. 35 Waza u-Yo-
nadabi wati kukumkani: Naba onyana bo-
kumkani besiza; njengalo ilizwi lesicaka
sako, kwenziwe njalo ke. 36 Kwabekute,
akuba egqibile ukuteta, bona ke, onyana
bokumkani bafika, bapakamisa ilizwi labo,
balila; kanjalo nokumkani, nazo zonke
izicaka zake, balila ngokulila okukulu
kunene.
37 Kodwa u-Abasalome wesaba, waya
ku-Talemai, unyana ka-Hamihude, uku-
mkani we-Geshure. Wati *u-Davide* wali-
lela unyana wake imihla yonke.
38 Kwa njalo u-Abasalome wesaba, wa-
ya e-Geshure, wayekona iminyaka yami-
tatu. 39 Waza *umpefumlo* ka-Davide uku-
mkani wagqibela ukupuma ngakuye u-
Abasalome; ngokuba ebetutuzelekile nga-
yo u-Amnone, ngokuba ebefile.

14 XESHEKWENI u-Jowabi, unyana
ka-Tseruya, ebesazi ukuba inkliziyo
yokumkani ibingaku-Abasalome, 2 wa-
ndula u-Jowabi watumela e-Tekoha, wata-
bata kona umfazi olumkileyo, wati kuye:
Kauzenze olilayo, wambate ke izivato zo-
kulilela, ungazitambisi ngeoli, ube nje-
ngomfazi olilele ofileyo imihla esel' imini-
nzi; 3 uze kukumkani, utete kuye nje-
ngalendawo. Waza u-Jowabi wabeka ama-
zwi emlonyeni wake.
4 Wati akuteta um-Tekohakazi lowo
kukumkani, wawa ebusweni bako nga-
semhlabeni, waziqubuda, wati: Nceda, ku-
mkani! 5 Waza ukumkani wati kuye:
Unanina? Wayesiti: Okunene ndingum-
hlolokazi mina, nendoda yami ifile. 6
Sasibe isicakakazi sako sinonyana ababini,
baye bona bengxolisana bobabini ngasen-
dhle, kwakungeko owabahlukisa, kodwa
omnye wabeta omnye, wambulala. 7 Ke-
kaloku bona ke, sonke isizalwane sivukele
ngakuso isicakakazi sako, sati: Nikela lo
owabeta umzalwana wake, ukuba simfise
ngennxa yobomi bomzalwana wako ambu-
leleyo, size sibubise indhlalifa nayo: kwa
njalo baya kucima ilahle lami eliseleyo,
bangayishiyeli indoda yami negama nesi-
salela pezu kwomhlaba. 8 Wayesiti uku-
mkani kulomfazi: Yiya endhlwini yako,
ndandiya kuyalela ngawe.
9 Waza um-Tekohakazi lowo wati ku-
kumkani: Ityala malibe pezu kwami, nkosi
yami, kumkani! napezu kwendhlu ka-
bawo; kodwa ukumkani makabe msulwa,
neterone yake. 10 Wayesiti ukumkani:
Osukuba eteta ngakuwe, mzise kumi, wae-
ngayi kubuya akucukumise kanjako. 11
Wandula wati: Makake ukumkani amku-
mbule UYEHOVA, UTIXO wako, ukuze abapi-
ndezeli begazi bangandisi ukutshabalalisa,
baze bangabubisi unyana wami. Waye-
siti: Ehleli nje UYEHOVA, akuyi kuwa na-
lunye unwele lwonyana wako ngasemhla-
beni.
12 Waza wati umfazi lowo: Makesitete
ilizwi isicakakazi sako kuyo inkosi yami
ukumkani. Wayesiti: Teta. 13 Waza
wati umfazi lowo: Kunganina ke ukuba
ucingile okunjalo ngakubo abantu BAKA-
TIXO? ngokuba ukumkani eteta lendawo
njengonetyala, ekubeni ukumkani engabu-
yisi igxotwa lake. 14 Ngokuba siya kufa
ngennyaniso, sibe njengamanzi apalele-
yo emhlabeni, angenakubutwa: kodwa
UTIXO akasusi ubomi, uyaqinga amaqinga
okuba angamgxoti kuye ogxotiweyo. 15
Ngako kaloku, ukuba ndize ukuteta kuye
ukumkani inkosi yami lendawo, kungo-
kuba abantu bendoyikisile; saza sati isica-
kakazi sako: Ndoka nditete kukumkani;
angaba ukumkani uya kwenza ilizwi lesi-
cakakazi sake. 16 Ngokuba ukumkani
eya kuva, ukuba asindise isicakakazi sake
esandhleni sendoda *efuna* ukutshabalalisa
mina nonyana wami kwa kunye elifeni
LIKATIXO. 17 Sati kanjalo isicakakazi sa-
ko: Ilizwi lenkosi yami ukumkani loba
lelokwonwabisa ke; ngokuba njengenge-
losi KATIXO, injalo inkosi yami ukumkani,
ukuqonda okulungileyo nokukohlakeleyo;
ngako UYEHOVA, UTIXO wako, woba nawe.
18 Wandula wapendula ukumkani wati
kulomfazi: Ungandifihleli ke into endiya
kukubuza yona. Wayesiti umfazi: Mayi-
tete ke inkosi yami ukumkami. 19 Waza
ukumkani wati: Isandhla sika-Jowabi *asi-
nawe* na kuko konke oku? Wapendula
umfazi wati: Bomi bompefumlo wako,
nkosi yami, kumkani! akuko *ongashenxa*
nangasekunene nangasekohlo kuko konke
okutetiweyo yinkosi yami ukumkani; ngo-
kuba isicaka sako u-Jowabi singuye ondi-



University of Fort Hare
Together in Excellence

yaleleyo, nowabeka onke lamazwi emlo-
nyeni wesicakakazi sako: 20 ukuze kuguqu-
lwe isimilo senteto, isicaka sako u-Jowabi
senzile lento; kodwa inkosi yami ilumkile
ngabo ubulumko bengelosi KATIXO, ukwazi
konke okusemhlabeni.
21 Wandula ukumkani wati ku-Jowabi:
Bona ke, ndiyenzile lento; hamba ke, bu-
yisa indodana leyo, u-Abasalome. 22 Waza
u-Jowabi wawa ngobuso bake ngasemhla-
beni, wazitoba, wambulela ukumkani; wa-
yesiti u-Jowabi: Namhla isicaka sako si-
yazi ukuba ndifumene ufefe emehlweni
ako, nkosi yami, kumkani! ngokokuba
ukumkani enzile ilizwi lesicaka sake. 23
Waselesuka u-Jowabi, waya e-Geshure,
wamzisa u-Abasalome e-Yerusaleme. 24
Wayesiti ukumkani: Makajikele endhlwi-
ni yake, angaboni ubuso bami. Kwa njalo
u-Abasalome wajikela endhlwini yake,
nobuso bokumkani akabubona.
25 Kekaloku bekungeko indoda eyinzwa-
na njengo-Abasalome pakati kwabo bonke
o-Sirayeli ukudunyiswa kakulu kangaka:
kwa kuwo umzantsi wonyawo lwake kude
kwaselukakayini lwake, bekungeko 'bala
kuye. 26 Naxeshekweni wagugulayo inklo-
ko yake, (kwakusekupeleni kweminyaka
ngeminyaka ukuba wayigugula; ngokuba
ibinzima pezu kwake, ngako wayigugula,)
walinganisa innwele zenkloko yake nga-
makulu mabini eshekele ngesilinganiso so-
kumkani. 27 Kwaye kumzalelwe u-Aba-
salome onyana abatatu, nentombi innye,
egama belingu-Tamare; yena ebeyinzwa-
kazi ukubonakala kwake.
28 Kekaloku u-Abasalome wahlala e-
Yerusaleme iminyaka yamibini, engabo-
nanga ubuso bokumkani. 29 Waza u-
Abasalome watumela u-Jowabi, ukuba
amtume kukumkani; kodwa ebengavumi
ukuza kuye: wabuya watuma nangokwesi-
bini, kodwa ebengavumi ukuza. 30 Ngako
wati kuzo izicaka zake: Kangelani, intsi-
mi ka-Jowabi isecaleni leyami, kanjalo
uneralasi kona; hambani, niyitshise ngom-
lilo. Zaza izicaka zika-Abasalome za-
tshisa intsimi leyo ngomlilo. 31 Wandula
wesuka u-Jowabi, weza ku-Abasalome
endhlwini, wati kuye: Yinina ukuba izi-
caka zako ziyitshisile intsimi yami
ngomlilo? 32 Wayesiti u-Abasalome ku-
Jowabi: Bona ke, ndatumela wena, ndi-
siti: Yiza apa, ukuba ndikutume kuku-
mkani, ukuti: Ndizelo nina udivela e-Ge-
shure? ngekuba kulungile kumi ukuba
bendiseko kona: ngako kaloku mandibone
ubuso bokumkani; nokuba kuko ityala
kumi, makandifise. 33 Wandula u-Jowabi
weza kukumkani, wamxelela: waza wam-
biza u-Abasalome, owangena kukumkani,
wazitoba kuye ebusweni bake ngasemhla-
beni pambi kwokumkani: wati ukumkani
wamanga u-Abasalome.

15 KWAYE kute emveni kwoku, ukuba
u-Abasalome wazilungisela innqwelo
namahashe, namadoda angamashumi ma-
hlanu abaleke pambi kwake. 2 Wavuka
kusasa u-Abasalome, wema ngasecaleni
lendhlela yesango: kwaza kwati, umntu
osukuba enempikiso yokuba eze kukumka-
ni ekugwebeni, wabiza u-Abasalome kuye,
wati: Uvela kwisipina isixeko? Wayesiti:
Isicaka sako sivela kwesinye sezizwe zo-
Sirayeli. 3 Waza u-Abasalome wati kuye:
Kangela, indawo zako zilungile, zifanele-
kile; kodwa akuko umpulapuli kuwe evela
kukumkani. 4 Wati kanjalo u-Abasa-
lome: Akwaba ndamiswa umgwebi eli-
zweni, ukuba eze kumi umntu osukuba
enempikiso nesimangalo, ukuze ndimlungi-
se! 5 Kwaza kwati, akusondela umntu
ukuza kutoba pambi kwake, wandula waso-
lula isandhla sake, wambamba, wamanga.
6 Wenza ke u-Abasalome ngendawo
enjalo kubo bonke o-Sirayeli abezayo ku-
kumkani ekugwebeni: wada u-Abasalome
webà inkliziyo zamadoda akwa-Sirayeli.
7 Kwabekute ekupeleni kweminyaka
yamashumi mane, wandula u-Abasalome
wati kukumkani: Mandihambe ke, ndiyo
ndisifeze isibambiso sami, endibambisileyo
ngaso KUYEHOVA, e-Hebrone: 8 ngokuba
isicaka sako besibambisa ngesibambiso,
ndakuhlala e-Geshure e-Siriya, sisiti:
Ukuba UYEHOVA uya kundibuyisela e-Ye-
rusaleme ngennyaniso, ndiya kwandula
ndimkonze UYEHOVA. 9 Waza ukumkani
wati kuye: Hamba ngoxolo. Wesuka ke,
waya e-Hebrone.
10 Kekaloku u-Abasalome watuma aba-
hloli pakati kwazo zonke izizwe zo-Sira-
yeli, esiti: Xeshekweni niya kuva ilizwi
lexilongo, nandul' ukuti: u-Abasalome
ungukumkani e-Hebrone. 11 Kwaye ku-
mka no-Abasalome e-Yerusaleme amadoda
angamakulu mabini, engamenyiweyo; aya
ngolungelelwano lwawo, engazi 'luto. 12
Kanjalo u-Abasalome watumela u-Ahito-



University of Fort Hare
Together in Excellence

fele um-Gilo, umpakati ka-Davide, avele
esixekweni sake, e-Gilo, nxa ebebingelela
imibingo. Yati ingcebiswano yaba nama-
ndhla; ngokuba abantu bebemana besa-
ndela u-Abasalome.
13 Wada weza umbiki ku-Davide, esiti:
Inkliziyo zamadoda akwa-Sirayeli ziyala-
ndela u-Abasalome. 14 Wandula wati u-
Davide kuzo zonke izicaka zake ezibe
zinaye e-Yerusaleme: Sukani, sisabe; ngo-
kuba kungayi kubako kuti ukusinda ebu-
sweni buka-Abasalome: nxamani ukumka,
hleze asifumane kamsinyane, ahlise pezu
kwetu ilishwa, abete isixeko ngohlangoti
lwerele. 15 Zaza izicaka zokumkani zati
kukumkani: Njengako konke iya kuku-
nyula inkosi yami ukumkani, nazi izicaka
zako *ukwenje njalo!*
16 Waza wapuma ukumkani, nabo bo-
nke abendhlu yake ngasezinnyaweni zake:
kodwa ukumkani washiya ishumi labafazi
abangamashweshwe, ukuba balinde indhlu.
17 Kwa njalo wapuma ukumkani, nabo
bonke abantu ngasezinnyaweni zake; baya
bahlala e-Bete-meraki. 18 Zaza zonke izi-
caka zake zadhlula ngasecaleni lake; nabo
bonke aba-Kereti, nabo bonke aba-Peleti,
nawo onke ama-Gate, amadoda angama-
kulu matandatu abevele e-Gate ngasezin-
nyaweni zake, badhlula pambi kwokumka-
ni. 19 Wandula ukumkani wati ku-Yitai
um-Gate: Kunganina ukuba nawe uhambe
nati? buya, uhlale nokumkani; ngokuba
wena ungowasemzini, nofudukileyo ukuza
endaweni yako kanjako: 20 ufikile izolo
nje, sendiya kukudungudelisa na namhla
ngokuhamba nati? mina kambe ndiya ku-
hamba apo ndingahambela kona; buya
wena, ubuyise abazalwana bako: ububele
nennyaniso maibe nawe? 21 Koko u-Yitai
wampendula ukumkani, wati: *Njengokuba*
ehleli UYEHOVA, na*njengokuba* ihleli inkosi
yami ukumkani, endaweni apo iya kubako
kona inkosi yami ukumkani, nokuba kube
kukufa, nokuba kube kukudhliwa kwo-
bomi, kwa lapo siya kubako isicaka sako!
22 Waza u-Davide wati ku-Yitai: Hamba,
uwele. Wasuka wawela u-Yitai um-Gate,
nawo onke amadoda ake, nabo bonke aba-
ntwana ababenaye. 23 Lati ilizwe lonke
lalila ngelizwi elikulu, bakuwela bonke
abantu: kanjalo ukumkani wawela umla-
njana we-Kidrone, baza bawela nabantu
bonke, ngasendhleleni yenklango.
24 Kwaye kuko, bona ke, no-Tsadoki,
nabo bonke aba-Levi kunye naye, betwele
ityeya yocebano LUKATIXO; bayibeka pantsi
ke ityeya KATIXO; waza wenyuka u-Abiya-
tare, bada bagqiba bonke abantu uku-
dhlula bevela esixekweni. 25 Wayesiti
ukumkani ku-Tsadoki: Yibuyisele ityeya
KATIXO esixekweni: ukuba ndiya kufumana
ufefe emehlweni KAYEHOVA, uya kundibu-
yisa, andibonise yona nekaya lake; 26 ko-
dwa ukuba utsho ukuti: Andikoliswa
nguwe; nanku mina, makenze kumi nje-
ngokuba kulungile emehlweni ake. 27 Wa-
lekela ukumkani wati ku-Tsadoki umperi-
site: Wena *aku*ngumboni na? buyela esi-
xekweni ngoxolo, nonyana bako bobabini
kunye nawe, u-Himahatse unyana wako,
no-Jonatane unyana ka-Abiyatare. 28 Ka-
ngelani, ndiya kulibala ematafeni enkla-
ngo, kude kuvele ilizwi kuni lokundibika.
29 Ngako u-Tsadoki no-Abiyatare babu-
yisela ityeya KATIXO e-Yerusaleme, baza
bahlala kona.
30 Kekaloku u-Davide wenyuka ngeqina
*lentaba* yeminquma, elila ekunyukeni kwa-
ke, enenkloko yake igqujutelwe, wahamba
ngennyawo zingenazihlangu: kanjalo bo-
nke abantu ababenaye bagqubutela abanye
ngabanye inkloko zabo, benyuka, belila
ekunyukeni kwabo. 31 Kwada kwaxele-
lwa u-Davide, ukuti: u-Ahitofele upakati
kwabacebiswene no-Abasalome. Waza wati
u-Davide: Zumatise ke icebo lika-Ahito-
fele, YEHOVA!
32 Kwabekute, akufika u-Davide em-
mangweni, apo wambedesha kona UTIXO,
nanku u-Hushai um-Areki esiza kumkau-
lela, enengubo yake irazukile, nomhlaba
pezu kwenkloko yake. 33 Wayesiti u-
Davide kuye: Ukuba uyadhlula nami, uya
kwandula ube ngumtwalo kumi; 34 ko-
dwa ukuba uya kubuyela esixekweni, uti
ku-Abasalome: Mina ndoba sisicaka sako,
kumkani! bendisisicaka soyihlo ngapa-
mbili, kodwa kaloku ndoba sisicaka sako;
uya kwandula unditshitshisele icebo lika-
Ahitofele. 35 Abako na nawe kona u-
Tsadoki no-Abiyatare abaperisite? ngako
kuya kuti, zonke indawo uya kuziva zivela
endhlwini yokumkani, wozixela ku-Tsa-
doki naku-Abiyatare abaperisite. 36 Bako
nabo kona onyana babo bobabini, u-Hima-
hatse oka-Tsadoki, no-Jonatane oka-Abiya-
tare; ngezandhla zabo niya kutuma kumi
zonke indawo eniya kuziva. 37 Waza u-
Hushai, umhlobo ka-Davide, weza esixe-



University of Fort Hare
Together in Excellence

kweni; wati no-Abasalome weza e-Yerusa-
leme.
16 Kekaloku akuba u-Davide egqitile
kancinane emmangweni, bona ke, u-
Tsiba isicaka sika-Mefiboshete wamkau-
lela, enesibini samaqwarashe enezidwashu,
zipezu kwawo izonka ezimakulu mabini,
nekulu lezipa zedreyive ezishwenyileyo,
nekulu *lamasimba* eziqamo zehlobo, nen-
tsuba yeveyine. 2 Waza ukumkani wati
ku-Tsiba: Uti nina ngezizinto? Wayesiti
u-Tsiba: Amaqwarashe ngawabendhlu
yokumkani kukwelwe; izonka neziqamo
zohlobo zezokuba amadodana adhle; neve-
yine yeyokuba abadiniweyo enklango ba-
sele. 3 Wayesiti ukumkani: Upina kodwa
unyana wenkosi yako? Waza u-Tsiba wati
kukumkani: Bona ke, uhleli e-Yerusa-
leme; ngokuba ebesiti: Namhla indhlu
ka-Sirayeli iya kubuyisela kumi ubuku-
mkani bobawo. 4 Wandula ukumkani wati
ku-Tsiba: Bona ke, konke okukokuka-
Mefiboshete kukokwako. Wayesiti u-Tsiba:
Ndiyatoba pantsi; mandifumane ufefe
emehlweni ako, nkosi yami, kumkani!
5 Kekaloku, akuza ukumkani u-Davide
ngase-Bahurime, bona ke, kwapuma kona
indoda yakwisizalwane sendhlu ka-Saule,
egama belingu-Shimehi, unyana ka-Gera:
wapuma, eqalekisa ekupumeni kwake. 6
Wasuka wagibisela ngamatye u-Davide,
nazo zonke izicaka zokumkani u-Davide;
baye bonke abantu nawo onke amagora
bengasekunene kwake nangasekohlo kwa-
ke. 7 Wayesitsho u-Shimehi ekuqaleki-
seni kwake ukuti: Puma, puma, ndoda
yegazi, ndoda yobunginingini! 8 UYEHOVA
ubuyisile pezu kwako lonke igazi lendhlu
ka-Saule, lowo obupata ubukumkani esiku-
ndhleni sake; kanjako UYEHOVA unikele
ubukumkani esandhleni sika-Abasalome
unyana wako; kanti nanku wena usengo-
zini yako, ngokuba uyindoda yegazi.
9 Wandula u-Abishai unyana ka-Tse-
ruya wati kukumkani: Yinina ukuba lenja
efileyo iqalekise inkosi yami ukumkani?
mandidhlule ke, ndiye ndisuse inkloko
yake. 10 Koko ukumkani wati: Ndiyinto
nina kuni, bonyana baka-Tseruya? maka-
qalekise bo, ngokuba UYEHOVA ete kuye:
Mqalekise u-Davide; ngubanina ke oya
kuti: Yinina ukuba wenje njalo? 11 Waza
u-Davide wati ku-Abishai nakuzo zonke
izicaka zake: Bona ke, unyana wami owa-
puma ematunjini ami, uyafuna ubomi ba-
mi; kwoba kangakananina ngakumbi ka-
loku *enje njalo* lom-Benjamine? myekeni,
makaqalekise; ngokuba UYEHOVA emxelele:
12 kungaba UYEHOVA uya kukangela pezu
kwelishwa lami, aze UYEHOVA abuyekeze
kumi okulungileyo esikundhleni sokuqale-
kisa kwake namhla nje. 13 Wahamba ke
u-Davide namadoda ake endhleleni; wati
u-Shimehi wahamba ecaleni lentaba malu-
ngana naye, waqalekisa ekuhambeni kwa-
ke, wagibisela ngamatye ngakuye, waposa
utuli. 14 Wada wafika ukumkani, naba-
ntu bonke ababenaye, bediniwe nje, bati
pefu kona.

15 KEKALOKU u-Abasalome, nabo bo-
nke abantu, amadoda akwa-Sirayeli, beza
e-Yerusaleme, no-Ahitofele kunye naye.
16 Kwaye kute, okuya u-Hushai um-
Areki, umhlobo ka-Davide, wezayo ku-
Abasalome, wandula u-Hushai wati ku-
Abasalome: Makapile ukumkani, makapile
ukumkani! 17 Waza u-Abasalome wati
ku-Hushai: Bubo obu na ububele bako
kumhlobo wako? yinina ukuba akuyanga
nomhlobo wako? 18 Wayesiti u-Hushai
ku-Abasalome: Hai; ngulowo unyuliweyo
NGUYEHOVA, nangababantu, nangamadoda
onke akwa-Sirayeli, endiya kuba ngowake,
nendiya kuhlala naye: 19 nakanjako, nge-
ndimkonza 'banina? ngekungabi sebuswe-
ni bonyana wake na? njengokuba ndiko-
nzile ebusweni boyihlo, ndoba njalo ebu-
sweni bako.
20 Wandula u-Abasalome wati ku-Ahi-
tofele: Nikani icebo! siya kwenza 'nto
nina? 21 Waza u-Ahitofele wati ku-Aba-
salome: Ngena kuwo amashweshwe kayi-
hlo, awashiyileyo ukulinda indhlu; baye
o-Sirayeli bonke beya kuva ukuba unukele
uyihlo; kwa njalo ziya kwomelela izandhla
zabo bonke abanawe. 22 Ngako bamolu-
lela u-Abasalome intente pezu kwendhlu;
waza u-Abasalome wangena kuwo ama-
shweshwe oyise pambi kwamehlo o-Sira-
yeli bonke.
23 Kekaloku icebo lika-Ahitofele, elo
wacebisa ngalo ngalomihla, belinjengoku-
ngati kwabuzwa elizwini LIKATIXO: beli-
njalo lonke icebo lika-Ahitofele nakuye
u-Davide nakuye u-Abasalome.
17 Walekela u-Ahitofele wati ku-Abasa-
lome: Makendinyule ke amadoda anga-
mawaka alishumi linamabini, ukuze ndi-
suke, ndiputume u-Davide ngobubusuku:



University of Fort Hare

2 ndandiya kuza pezu kwake ediniwe,
epolelwe izandhla, ndimnkwantyise; baye
bonke abantu abanaye beya kusaba: ndiya
kwandula ndimbete ukumkani yedwa; 3
nabo bonke abantu ndobabuyisela kuwe:
londoda uyifunayo injengokubuya kwabo
bonke: *kwa njalo* abantu bonke boba selu-
xolweni. 4 Lalibe elozwi lifanele eme-
hlweni ka-Abasalome nasemehlweni abo
bonke abadala bo-Sirayeli. 5 Kodwa u-
Abasalome wati: Kaubize no-Hushai um-
Areki, ukuba sive woti nina naye.
6 Wati akufika u-Hushai ku-Abasalome,
watsho u-Abasalome kuye, esiti: u-Ahito-
fele utetile ngendawo enje nje; siya ku-
lenza izwi lake na? ukuba asiyi *kulenza*,
teta wena. 7 Waza wati u-Hushai ku-Aba-
salome: Alilungile icebo acebisile ngalo
u-Ahitofele ngelixesha. 8 Wahambisa u-
Hushai wati: Wena uyamazi uyihlo nama-
doda ake, ukuba bangamagora, nabampe-
fumlo urara, njengebere elilutiweyo ama-
tole ayo ngasendhle; kanjako uyihlo
uyindoda yokulwa, akayi kulalisa nabantu.
9 Bona ke, ngoku uzimele kwomnye we-
minxuma, umhlaumbi kwennye yezonda-
wo: kwaye kuya kuti, nxa kuwiwa pakati
kwabo ekuqaleni, osukuba esiva woti:
Kuko isibulalo pakati kwabantu abamla-
ndelayo u-Abasalome; 10 andule kwa lowo
oyindoda yoburoti, onkliziyo injengenkli-
ziyo yengonyama, agqibele ukunyibilika;
ngokuba bonke o-Sirayeli besazi ukuba
uyihlo uligora, nokuba bangamadoda obu-
roti abo banaye. 11 Ngako ndiyanika
icebo lokuba bonke o-Sirayeli babutelwe
kuwe kamsinyane, bevela e-Dane nakude
kube se-Bereshebe, njengenklabati enga-
selwandhle ngobuninzi, nokuba uye isiqu
sako ekulweni. 12 Siya kwandul' ukuza
kuye kwennye yezondawo apo aya ku-
funyanwa kona, *siwe* pezu kwake nje-
ngokuba umbete usiwa pezu kwomhla-
ba: kwaye kungayi kusala *'mntu* kuye
nakuwo onke amadoda anaye noko amnye.
13 Kanjako ukuba wamkelwe esixekwe-
ni, sebeya kuti o-Sirayeli bonke bafake
esosixeko intambo, ukuze sisirolele emla-
njeni, kude kungafunyanwa kona nalinye
ilityana.
14 Waza wati u-Abasalome, nawo onke
amadoda akwa-Sirayeli: Icebo lika-Hushai
um-Areki lilungile pezu kwecebo lika-
Ahitofele. Ngokuba UYEHOVA ebemisele
icebo elilungileyo lika-Ahitofele ukuba
litshitshiswe, ukuze UYEHOVA azise pezu
kwo-Abasalome ilishwa.
15 Wandula u-Hushai wati ku-Tsadoki
naku-Abiyatare abaperisite: Njengokunje
nanjengokunje wanika icebo u-Ahitofele
ku-Abasalome, nakubadala bo-Sirayeli;
kanjalo njengokunje nanjengokunje nda-
nika icebo mina: 16 ngako kaloku tumani
ngokunxama, nishumayele ku-Davide,
ukuti: Ungalalisi ngobubusuku ematafeni
enklango; nokuti: Kauleza ukuwela; hleze
ukumkani acitwe, nabantu bonke abanaye.
17 Kekaloku u-Jonatane no-Himahatse
bebehlala ngasemtonjeni we-Rogele; saza
isicakazana saya sabaxelela; (ngokuba be-
bekohlwa ukubonakala ngokungena esixe-
kweni;) bati bona baya bamxelela uku-
mkani u-Davide. 18 Kodwa umfana wa-
babona, wamxelela u-Abasalome: basuka
baya bobabini ngokunxama, beza endhlwi-
ni yendoda e-Bahurime, ebinequla ebaleni
layo; baye behlela kona. 19 Wandula
umfazi watabata isigubungelo, wasandhlala
pezu kwomlomo wequla, wayaneka inqo-
lowa enqushiweyo pezu kwaso; kwaza
akwaziwa lonto. 20 Zada zafika izicaka
zika-Abasalome kumfazi lowo endhlwini,
zati: Bapina u-Himahatse no-Jonatane?
Wayesiti umfazi kuzo: Bawelile umlanjana
wamanzi. Zati zakuba zifunile, zingafu-
mananga nje, zabuyela e-Yerusaleme. 21
Kwaye kute emveni kwokumka kwazo,
bandula benyuka equleni, baya bamxelela
ukumkani u-Davide, bati ku-Davide: Su-
kani,niwele amanzi ngokunxama; ngokuba
kunje nje u-Ahitofele anikile icebo nga-
kuni. 22 Waza wesuka u-Davide, nabantu
bonke ababenaye, bawela i-Yoredane;
kwati kwakukanya ukusa, akwasweleka
kwa namnye ongawelanga i-Yoredane.
23 Kekaloku akubona u-Ahitofele ukuba
icebo lake belingenzwanga, wabopa iqwa-
rashe, wesuka, waya endhlwini yake, esi-
xekweni sake, wayolela indhlu yake, wazi-
xoma; waza wafa, wanewatywa enewabeni
loyise.

24 WANDULA u-Davide weza e-Maha-
nayime. Kanjalo u-Abasalome wawela i-
Yoredane, yena nawo onke amadoda akwa-
Sirayeli kunye naye. 25 Waye u-Abasa-
lome ebebekile u-Hamasa pezu kwomkosi
esikundhleni sika-Jowabi: u-Hamasa lowo
ebengunyana wendoda egama belingu-
Yitera, um-Sirayeli, eyangena ku-Abigali



University of Fort Hare

intombi ka-Nahashe, udade ka-Tseruya
unina ka-Jowabi. 26 Kwa njalo o-Sirayeli
no-Abasalome bati waca ezweni le-Gile-
yadi.
27 Kwaye kute, akuba u-Davide efikile
e-Mahanayime, wandula u-Shobi unyana
ka-Nahashe wase-Raba yosapo luka-Hamo-
ni, no-Makire unyana ka-Hamiyeli wase-
Lo-debare, no-Barezilai um-Gileyadi wase-
Rogelime, 28 bazisa imandhlalo, nezitya,
nemipanda yombumbi, nenuqolowa, nera-
lasi, nomgubo, namaqashu, namabontye,
nelentile, nenkozo ezojiweyo, 29 nobusi,
namasi, negusha, nezonka zamasi enkomo,
*banik*ela u-Davide nabantu ababenaye,
ukuze badhle; ngokuba bebesiti: Abantu
balambile, badiniwe, banxaniwe, enklango
*apo.*
18 Wada u-Davide wabala abantu ababe-
naye, wabeka pezu kwabo inkosi za-
mawaka nenkosi zamakulu. 2 Waza u-
Davide watuma abantu, esinye isiqingata
sesitatu ngapantsi kwesandhla sika-Jowabi,
nesinye isiqingata sesitatu ngapantsi kwe-
sandhla sika-Abishai, unyana ka-Tseruya,
umninawe ka-Jowabi, nesinye isiqingata
sesitatu ngapantsi kwesandhla sika-Yitai
um-Gate. Wayesiti ukumkani ebantwini:
Ndiya kupuma nani ngennyaniso nami.
3 Koko abantu bati: Akuyi kupuma; ngo-
kuba nxa sika sibaleke, abayi kubekela
tina inkliziyo; nanxa esinye isiqingata
sabetu sibubayo, abayi kubekela tina in-
kliziyo; kodwa ngoku *u*njengamawaka ali-
shumi abakuti; ngako kaloku kulungile
ukuba ube usinceda usesixekweni. 4 Wa-
ndula ukumkani wati kubo: Oko kulungi-
leyo emehlweni enu ndiya kukwenza. Wa-
suka ukumkani wema ngasecaleni lesango,
bati bonke abantu bapuma ngamakulu na-
ngamawaka.
5 Waza ukumkani wayalela u-Jowabi,
no-Abishai, no-Yitai, ngokuti: Patani ka-
kuhle indodana leyo, u-Abasalome, ngen-
nxa yami. Baye bonke abantu besiva,
akuba ukumkani ebeyalela zonke inkosi
ezo ngayo indawo ka-Abasalome.
6 Kwa njalo abantu bapumela ezindhle
ngakuwo ama-Sirayeli: kwaza kwabako
ukulwa ehlatini le-Frayime; 7 bati aba-
ntu bakwa-Sirayeli babulawa kona ebu-
sweni bezicaka zika-Davide; kwaye kuko
kona isibulawa esikulu ngalomhla, ama-
waka amashumi mabini *amadoda:* 8 ngo-
kuba ukulwa kwatiwa sa pezu kwobuso
belizwe lonke; lada ihlati ladhla eba-
ntwini ngento enninzi kubo ababedhliwa
lirele ngalomhla.
9 Wahla u-Abasalome wahlangana nezi-
caka zika-Davide: kekaloku u-Abasalome
wakwela pezu kweqwarara; lati lakufika
iqwarara pantsi kwamasebe apingelele-
neyo omkoba omkulu, yandula inkloko
yake yabambeka emkobeni, wabekwa pa-
kati kwezulu nomhlaba; laye iqwarara
elipantsi kwake ladhlula. 10 Yaza indoda
etile yabona *oko,* yamxelela u-Jowabi,
yati: Bona ke, ndibonile u-Abasalome
exòmekile emkobeni. 11 Wayesiti u-Jo-
wabi kuyo indoda ebimxelele: Bona ke,
ubonile nje, kuyinina ukuba ubungambeti
kona ngasemhlabeni! ndandinge ndikuni-
kile ishumi *leshekele* zesilivere noqweme-
sha lunye. 12 Koko indoda leyo yati ku-
Jowabi: Nakuba bendiya kulinganisa pezu
kwesandhla sami iwaka *leshekele* zesilivere,
ngandingoluli isandhla sami ngakuye u-
nyana wokumkani; ngokuba ukumkani
ebeyalela wena, no-Abishai, no-Yitai, eku-
veni kwetu, esiti: Gcinani nonke ngaba-
nye indodana u-Abasalome. 13 Ukuba
kodwa bendenzile ubuxoki ngakubo ubomi
bami; (ngokuba kungeko 'nto efihlelweyo
ukumkani;) ngeuba nawe umele ngaku*mi.*
14 Wandula wati u-Jowabi: Andiyi kulibala
ngokunjalo ebusweni bako. Waza wata-
bata izikali ezitatu esandhleni sake, wazi-
hlaba enkliziyweni ka-Abasalome, nxa
asahleli pakati kwomkoba. 15 Aza aso-
ndela amadodana alishumi, abatwali bezi-
xòbo zika-Jowabi, ambeta u-Abasalome,
amfisa. 16 Wandula u-Jowabi wavutela
ngexilongo, bati abantu babuya ekusuke-
leni ama-Sirayeli; ngokuba u-Jowabi wa-
babamba abantu. 17 Baza bamtabata u-
Abasalome, bamposa ehlatini emnxunyeni
omkulu, bamisa pezu kwake imfumba ya-
matye enkulu kakulu: asuka onke ama-
Sirayeli esaba aya amanye ngamanye ezin-
tenteni zawo.
18 Kekaloku u-Abasalome, nxa ebesa-
dhla ubomi, watabata wazimisela intsika,
esemhlanjeni wokumkani; ngokuba ebe-
siti: Andinanyana, ukuze kukunjuzwe
igama lami; wayibiza intsika leyo ngegama
lake: ngako yabizwa kwada kwanamhla
nje ngokuti yinkumbuzelo ka-Abasalome.
19 Wandula wati u-Himahatse unyana
ka-Tsadoki: Makendigidime, ndishuma-
yele kukumkani indaba zokuba UYEHO-



University of Fort Hare
Together in Excellence

VA umkulule esandhleni sentshaba zake.
20 Koko u-Jowabi wati kuye: Akuyi
kuba ngumshumayeli wendaba namhla
nje, kodwa uya kushumayela indaba ngom-
hla wumbi; kodwa namhla nje akuyi ku-
shumayela indaba, ngenxa yokuba unyana
wokumkani efile. 21 Waza u-Jowabi wati
ku-Kushi: Hamba, umxelele ukumkani
oko ukubonileyo. Watoba ke u-Kushi pa-
mbi kwo-Jowabi, wagidima. 22 Wapinda
kanjako u-Himahatse unyana ka-Tsadoki
wati ku-Jowabi: Kodwa noko, makendi-
gidime nami emva kwo-Kushi. Wayesiti
u-Jowabi: Kunganina ukuba ugidime
wena, nyana wami! ungenandaba ezikole-
kileyo nje? 23 Kodwa noko, *watsho*, make-
ndigidime. Waza wati kuye: Gidima.
Wasuka u-Himahatse wagidima ngendlela
yetafa, wagqita ku-Kushi.
24 Kekaloku u-Davide wahlala pakati
kwamasango amabini; wati umlindi wa-
hamba pezu kwesifulelwa sesango, pezu
kwodonga, wapakamisa amehlo ake, waka-
ngela; kekaloku nantsiya indoda igidima
iyodwa. 25 Waza wabiza umlindi, wam-
xelela ukumkani. Wayesiti ukumkani:
Ukuba iyodwa, kuko indaba emlonyeni
wayo. Yakaulezisa ukuhamba ke, yaso-
ndela. 26 Wabuya umlindi wabona ennye
indoda igidima; waza umlindi wabiza kum-
geini wesango, wati: Nantsi *ennye* indo-
da igidima iyodwa. Wayesiti ukumkani:
Nalé ingumshumayeli wendaba. 27 Wati
umlindi kanjalo: Ndiyabona ukugidima
kweyokuqala njengokugidima kuka-Hima-
hatse unyana ka-Tsadoki. Wayesiti uku-
mkani: Uyindoda elungileyo lowo, uyeza
nendaba ezilungileyo.
28 Waza wabiza u-Himahatse, wati ku-
kumkani: Luxolo! Watoba ngobuso bake
ngasemhlabeni pambi kwokumkani, wati:
Makabongwe UYEHOVA, UTIXO wako, owa-
nikeleyo amadoda abepakamisa isandhla
sawo ngakuyo inkosi yami ukumkani. 29
Wandula ukumkani wati: Ipilile na indo-
dana u-Abasalome? Wati u-Himahatse:
Kendabona impitimpiti enkulu, nxa u-
Jowabi abetuma isicaka sokumkani, na*mi*
isicaka sako, kodwa bendingayazi iyinto
nina. 30 Wati ukumkani: Sondela, zi-
mise apa; waza wasondela, wema. 31
Wada wafika, bona ke, u-Kushi; wayesiti
u-Kushi: Maishunyayezwe inkosi yami
ukumkani, okokuba UYEHOVA ukukulule
namhla esandhleni sabo bonke ababesukela
ngakuwe. 32 Waza ukumkani wati ku-
Kushi: Ipilile na indodana u-Abasalome?
Wayesiti u-Kushi: Intshaba zenkosi yami
ukumkani, nabo bonke abavukela ububi
bako, mababe njengendodana leyo! 33
Wandula ukumkani wabetwa lusizi, we-
nyuka waya enkambilini epezulu kwesango,
walila; wayesitsho ekuyeni kwake ukuti:
Nyana wami 'Abasalome, nyana wami,
nyana wami 'Abasalome! akwaba ndabendi-
file esikundhleni sako, Abasalome, nyana
wami, nyana wami!

19 Kwaza kwaxelwa ku-Jowabi *ukuti:*
Nanku ukumkani elila esenza isi-
jwili pezu kwo-Abasalome. 2 Lwati
usindiso ngalomhla lwaba lulilo kubo
bonke abantu; ngokuba abantu bebesiva
ngalomhla kusitwa: Ukumkani ndandate-
kile pezu kwonyana wake. 3 Baza abantu
banyebeleza ngalomhla ukungena esixe-
kweni, njengokuba benyebeleza abantu aba-
visiweyo ihlazo, bakubaleka ekulweni.
4 Kodwa ukumkani wagqubutela ubuso
bake, wakala ukumkani ngelizwi elikulu,
*esiti:* Nyana wami 'Abasalome! Abasa-
lome, nyana wami, nyana wami!
5 Wandula u-Jowabi weza kukumkani
endhlwini, wati: Udanisile namhla ubuso
bazo zonke izicaka zako, ezisindisileyo
namhla ubomi bako, nobomi bonyana bako
nobentombi zako, nobomi babafazi bako,
nobomi bamashweshwe ako, 6 ngokubata-
nda abakutiyayo nangokubatiya abakuta-
ndayo: ngokuba uxele namhla, ukuba azi-
nto kuwe inkosi nezicaka; ngokuba ndina-
kana namhla, ukuba u-Abasalome ebesa-
hleli, nokuba tina sonke sibe sifile namhla,
oko ngekuba kulungile emehlweni ako.
7 Ngako kaloku suka, upume, utete kwin-
kliziyo zezicaka zako: ngokuba ndifunga
UYEHOVA, ungapumi nje, akuyi kulalisa
'mntu nawe obubusuku: oku ke kwoba
kubi kuwe, ngapezu kwabo bonke ububi
ubuhlelwa bubo kwa sebutsheni bako ku-
de kwangoku. 8 Wandula ukumkani we-
suka, wahlala esangweni. Kwaza kwaxe-
lwa kubo bonke abantu ukuti: Nanku
ukumkani ehleli esangweni. Basuka bo-
nke abantu beza ebusweni bokumkani;
kodwa ama-Sirayeli ebesabele amanye nga-
manye ezintenteni zawo.

9 BAZA bapikisana bonke abantu, pa-
kati kwezizwe zonke zama-Sirayeli, be-
siti: Ukumkani wasihlangula esandhleni



University of Fort Hare
Together in Excellence

sentshaba zetu, wasisindisa esandhleni sa-
ma-Filistiya; kodwa ngoku wesabile eli-
zweni ngennxa ka-Abasalome; 10 no-Aba-
salome, esibe simtambisa pezu kwetu, ufile
ekulweni: ngako kaloku, kunganina ukuba
niti cwaka ngokumbuyisa ukumkani?
11 Kekaloku ukumkani u-Davide wa-
tuma ku-Tsadoki naku-Abiyatare abaperi-
site, ukuti: Tetani kubo abadala bo-Juda,
nisiti: Yinina ukuba ningabokugqibela
ukumbuyisela ukumkani endhlwini yake?
(ngokuba ukuteta kwama-Sirayeli onke
bekufikile kukumkani, endhlwini yake:)
12 nina ningabazalwana bami; nilitambo
lami nennyama yami: yinina ukuba ni-
ngabokugqibela ukumbuyisa ukumkani?
13 Nize niti ku-Hamasa: Akulitambo lami
nennyama yami na wena? UTIXO makenje
njalo kumi, alekele ukwenje njalo kumi,
ukuba akuyi kuba yinkosi yomkosi pambi
kwami imihla yonke esikundhleni sika-Jo-
wabi! 14 Waza watobela inkliziyo yawo
onke amadoda akwa-Juda njengeyendoda
innye; ada atuma kukumkani, *esiti:* Buya
wena, nezicaka zako zonke. 15 Wandula
wabuya ukumkani, weza e-Yoredane: ba-
suka o-Juda beza e-Gilegale, ukuya
kumkaulela ukumkani, ukuba bamwelise
ukumkani i-Yoredane.
16 Waza wanxama u-Shimehi unyana
ka-Gera, um-Benjamine, owase-Bahurime,
wehlela pakati kwamadoda akwa-Juda,
ukuya kumkaulela ukumkani u-Davide.
17 Kwaye kuko naye iwaka lamadoda akwa-
Benjamine; kwa no-Tsiba isicaka sendhlu
ka-Saule, nonyana bake abalishumi linaba-
hlanu, nezicaka zake ezimashumi mabini,
kunye naye: baza bawela i-Yoredane pa-
mbi kwokumkani. 18 Kwaye kuwela um-
tantatu wokuweza abendhlu yokumkani,
nowokwenza okulungileyo emehlweni ake.
Wandula u-Shimehi unyana ka-Gera wa-
wa pambi kwokumkani, akuba ewelile
i-Yoredane, 19 wati kukumkani: Maingati
inkosi yami ibalele kumi ityala; kanjalo
ungakumbuleli oko isicaka sako sibe si-
kwenza ngobugwenxa, ngomhla yabipuma
ngawo inkosi yami ukumkani e-Yerusa-
leme, ukuba ukumkani akubekele inkli-
ziyo yake. 20 Ngokuba isicaka sako sisazi
ukuba ndonile; ngako, bona ke, ndizile
namhla ndingowokuqala kuyo yonke in-
dhlu ka-Josefe ukuba ndihle ukuya ku-
kaulela inkosi yami ukumkani. 21 Waza
wapendula u-Abishai unyana ka-Tseruya,
wati: Akayi kufiswa na u-Shimehi ngen-
nxa yoku, ukuba emqalekisile umtanjiswa
KAYEHOVA? 22 Koko u-Davide wati: Ndi-
yinto nina kuni, bonyana baka-Tseruya!
ukuba nibe namhla ningabalane kumi?
kwofiswa namhla na umntu kwa-Sirayeli?
ngokuba ndingazi na ukuba ndingukumka-
ni namhla pezu kwo-Sirayeli? 23 Ngako
ukumkani wati ku-Shimehi: Akuyi kufa.
Waza ukumkani wamfungela.
24 Wehla no-Mefiboshete unyana ka-
Saule, ukuza kumkaulela ukumkani, enga-
hlambanga innyawo zake, engacazanga
udevu lwake, engahlanzanga ingubo zake,
kwa semhleni wokumka kwokumkani ku-
de kwangumhla lowo *wabuya* wafika ngo-
xolo. 25 Kwaye kute, akuba efikile e-
Yerusaleme ukuza kumkaulela ukumkani,
wati ukumkani kuye: Yinina ukuba ubu-
ngayanga nami, Mefiboshete? 26 Waye-
siti: Nkosi yami, kumkani! isicaka sami
sandikohlisa; ngokuba isicaka sako sibe
sisiti: Ndiya kuzibopela iqwarashe, ndi-
kwele pezu kwalo, ndiye kukumkani;
ngokuba isicaka sako sisisiqwala. 27 Sa-
sihleba isicaka sako kuyo inkosi yami uku-
mkani; kodwa inkosi yami ukumkani
injengengelosi KATIXO: ngako yenza oku-
lungileyo emehlweni ako. 28 Ngokuba
bonke abendhlu kabawo bebengamadoda
okufa kupela pambi kwenkosi yami uku-
mkani: noko umisile isicaka sako pakati
kwabo abadhlayo ngasetafileni yako. Ndi-
senegunya lanina, ukuba ndikale kanjako
kuye ukumkani? 29 Waza ukumkani
wati kuye: Kunganina ukuba uyateta ka-
njako ngendawo zako? Ndite: Wena no-
Tsiba yahlulelanani umhlaba lowo. 30
Wayesiti u-Mefiboshete kukumkani: Ma-
katabate kwa wonke, emveni kwokuba
inkosi yami ukumkani ifikile ngoxolo en-
dhlwini yayo.
31 Kanjalo u-Barezilai um-Gileyadi
wehla e-Rogelime, wawela i-Yoredane no-
kumkani, ukumpelekelela e-Yoredane. 32
Waye u-Barezilai ebemdala kakulu, engo-
minyaka imashumi asibozo: yena ebemfu-
nzele ukumkani nxa abehlala e-Mahana-
yime; ngokuba ebeyindoda enkulu ku-
nene. 33 Wayesiti ukumkani ku-Barezi-
lai: Wela nami, ndandiya kukufunzela ku-
mi e-Yerusaleme. 34 Kodwa u-Barezilai
wati kukumkani: Yoba mingapina imihla
yeminyaka yokudhla kwami ubomi, ukuba
ndinyuke nokumkani ukuya e-Yerusale-



University of Fort Hare

me? 35 Ndingominyaka imashumi asi-
bozo ubudala bami namhla: ndinokuqiqa
na pakati kwokumnandi nokubi? isicaka
sako sinokuva na oko endikudhlayo nendi-
kuselayo? ndisenako na ukupulapula ili-
zwi labaculi nelabaculikazi? kunganina ke
ukuba isicaka sako sibe sisengumtwalo
kuyo inkosi yami ukumkani? 36 Isicaka
sako siya kuwela i-Yoredane nokumkani
ukuya umganyana wodwa: kunganina ke
ukuba ukumkani andivuze ngomvuzo onja-
lo? 37 Makesibuye isicaka sako, ukuba
ndibubele esixekweni sami, ngasencwabe-
ni lobawo nomá. Kodwa nasi isicaka sako
u-Kimuhame; masiwele nenkosi yami u-
kumkani; uze usenzele oko kulungileyo
emehlweni ako. 38 Waza wati ukumkani:
u-Kimuhame uya kuwela nami, ndandiya
kumenzela oko kulungileyo emehlweni
ako; nako konke uya kukufuna kumi,
ndiya kukwenzela kona. 39 Bada bonke
abantu bawela i-Yoredane; wawela noku-
mkani: wandula ukumkani wamanga u-
Barezilai, wamtamsanqelisa; owabuya wa-
ya endaweni yake. 40 Waza ukumkani
wadhlulela e-Gilegale, no-Kimuhame wa-
dhlula naye: bati bonke abantu bakwa-
Juda bamwelisa ukumkani, kwa nesinye
isiqingata sabantu bakwa-Sirayeli.

41 KEKALOKU bona ke, onke amado-
da akwa-Sirayeli eza kukumkani, ati ku-
kumkani: Yinina ukuba abazalwana betu,
amadoda akwa-Juda, bakubile, nokuba ba-
wezile ukumkani nabendhlu yake i-Yore-
dane, nawo onke amadoda ka-Davide ku-
nye naye? 42 Andula onke amadoda
akwa-Juda apendula ngakuwo amadoda
akwa-Sirayeli, *ati:* Ngokuba ukumkani
esalamana nati; kunganina ke ukuba ni-
qumbile pezu kwalendawo? sike sadhla
na okuvela kukumkani? uke wasibasela
ngebaso na? 43 Aza amadoda akwa-Sira-
yeli apendula amadoda akwa-Juda, ati:
Tina sinezahlulo ezilishumi kuye ukumka-
ni, kwa nakuye u-Davide, ngapezu kwenu;
kunganina ke ukuba nisidelile? besinge-
nalo ilizwi letu kuqala ke na, lokuba kubu-
yiswe ukumkani wetu? Kodwa ilizwi la-
madoda akwa-Juda belilukuni ngapezu
kwelizwi lamadoda akwa-Sirayeli.

20 Kwahla kwabako kona indoda yobu-
nginingini, egama belingu-Sheba, u-
nyana ka-Bikeri, um-Benjamine: yona
yavutela ngexilongo, yati: Asinasabiwo
ku-Davide, asinalifa kuye unyana ka-Jese;
abanye ngabanye ezintenteni zabo, bo-
Sirayeli! 2 Andula onke amadoda akwa-
Sirayeli enyuka ekulandeleni u-Davide,
alandela u-Sheba unyana ka-Bikeri: ko-
dwa amadoda akwa-Juda anamatela kuku-
mkani wawo, *kutabata* e-Yoredane kude
kwakuyo i-Yerusaleme.

3 Wayesiza u-Davide endhlwini yake
e-Yerusaleme; waza ukumkani watabata
abafazi abangamashweshwe bolishumi, abo
wabashiya ukulinda indhlu, wabafaka
endhlwini yokugcinela, wabafunzela, ko-
dwa akangena kubo: kwa njalo bavalelwa
kwada kwangumhla wokufa kwabo, behleli
ngobuhlolokazi.

4 Waza ukumkani wati ku-Hamasa:
Ndibizele ndawonye amadoda akwa-Juda
pakati kwemihla mitatu, ube lapa nawe umi.
5 Wasuka u-Hamasa waya ukubiza ndawo-
nye *amadoda* akwa-Juda; kodwa walibala
ngapezu kwexesha elimisiweyo, elo wabem-
misele lona. 6 Ngako u-Davide wati ku-
Abishai: Kaloku u-Sheba, unyana ka-
Bikeri, uya kusenzela okubi ngapezu kwo-
Abasalome; tabata wena izicaka zenkosi
yako, umputume, hleze azifumanele izixe-
ko ezinqatyisiweyo, asinde emehlweni etu.
7 Andula apuma emva kwake amadoda ka-
Jowabi, naba-Kereti, naba-Peleti, nawo
onke amagora: bapuma ke e-Yerusaleme,
ukuya kumputuma u-Sheba unyana ka-
Bikeri.

8 Bati bakuba ngasetyeni elikulu elise-
Gibeyone, wandula u-Hamasa waya pambi
kwabo. Waye u-Jowabi ebinqiwe ngen-
gubo yake abeyambete, upezu kwayo
umbinqo onerele libotshiwe pezu kwesinqe
sake esinxobeni salo; elati akupuma lawa.
9 Wayesiti u-Jowabi ku-Hamasa: Upilile
na, mzalwana wami? Wandula u-Jowabi
walubamba ngesandhla sokunene udevu
luka-Hamasa, ukuza kumanga: 10 kodwa
u-Hamasa ebengalumkeli irele elibe lisesa-
ndhleni sika-Jowabi: waza wambeta ngalo
esiswini, wapalaza amatumbu ake nga-
semhlabeni, engampindelanga ke; wada
wafa. Basuka u-Jowabi no-Abishai umza-
lwana wake bamputuma u-Sheba unyana
ka-Bikeri. 11 Yaza indoda ezicakeni zika-
Jowabi yema ngakuye, yati: Osukuba
ekolela u-Jowabi, nosukuba engecala lika-
Davide, makamlandele u-Jowabi. 12 Ke-
kaloku u-Hamasa waqikaqikeka egazini
pakati kwomendo. Yati yakubona indoda



University of Fort Hare
Together in Excellence

leyo ukuba abantu bonke bema, yamsusa
u-Hamasa emendweni yambeka ngasen-
dhle, yaposa ingubo pezu kwake, ngoko-
kuba ebebona bonke ababesiza ngakuye
ukuba bema. 13 Okuya ebesusiwe eme-
ndweni, badhlula bonke abantu emva kwo-
Jowabi, ukuya kumputuma u-Sheba unyana
ka-Bikeri.
14 Waza wacanda kuzo zonke izizwe
zo-Sirayeli kude kwakuyo i-Abele, ne-
Bete-mahaka, nayo yonke i-Berime: baza
bahlanganiselwa ndawonye, baya nabo
emva kwake. 15 Basuka beza bamvingcela
e-Abele-bete-mahaka, baposela indulana
ngakuso isixeko, eyemayo ngakulo udonga
lwapandhle: baza bonke abantu ababeno-
Jowabi balwonakalisa udonga, ukuze balu-
wise. 16 Wandula wabiza umfazi olumki-
leyo esesixekweni, *esiti:* Yivani! yivani!
niti ke ku-Jowabi: Sondela kwa lapa,
ukuba nditete nawe. 17 Akuba esondele
kuye, wati umfazi: Ungu-Jowabi na?
Wayesiti: Ndinguye. Waza wati kuye:
Yiva amazwi esicakakazi sako. Wayesiti:
Ndiyeva mina. 18 Wandula watsho ukuti:
Kwatetwa ekuhleni ngapambili, kusitwa:
Baya kubuza ngennyaniso e-Abele, bagqibe
njalo ke. 19 Mina ndingowabaxolileyo,
ndingowabanyanisekileyo kwa-Sirayeli:
wena uyafuna ukububisa isixeko nonina
kwa-Sirayeli; kunganina ukuba uya kucita
ilifa LIKAYEHOVA? 20 Wapendula u-Jo-
wabi, wati: Makube lè, makube lè kumi,
ukuba ndicite nokuba ndonakalise! 21
Lendawo ayinjalo; koko indoda yasenta-
beni yakwa-Frayime, ngu-Sheba, unyana
ka-Bikeri, igama layo, ipakamisile isandhla
sayo ngakuye ukumkani, ngakuye u-Da-
vide; yinikeleni yona yodwa, ndandiya
kumka esixekweni. Wayesiti umfazi ku-
Jowabi: Bona ke, inkloko yayo iya kupo-
swa kuwe pezu kwodonga. 22 Wandula
umfazi waya kubo bonke abantu ngobulu-
mko bake. Baza banqumla inkloko ka-
Sheba unyana ka-Bikeri, bayiposa ku-Jo-
wabi. Wasuka wavutela ngexilongo, bada
baciteka esixekweni, besiya abanye nga-
banye ezintenteni zabo. Waza u-Jowabi
wabuyela e-Yerusaleme kukumkani.
23 Kekaloku u-Jowabi ebepezu kwawo
wonke umkosi wo-Sirayeli; no-Benaya,
unyana ka-Yoyada, ebepezu kwaba-Kereti
napezu kwaba-Peleti; 24 no-Adorame ebe-
pezu kwabesitabataba; no-Yehoshafate,
unyana ka-Abilude, ebengumkumbuzi;
25 kanjalo u-Sheva ebengumbàli; u-Tsa-
doki no-Abiyatare bebengabaperisite; 26
no-Hira, um-Yahire, yena ebelinene lika-
Davide.

21 KWAZA kwabako indhlala emihleni
ka-Davide iminyaka yamitatu, ngom-
nyaka ngomnyaka; waza u-Davide wafuna
ubuso BUKAYEHOVA. Wayesiti UYEHOVA:
Ingennxa ka-Saule nangennxa yendhlu ya-
magazi, ngokokuba wabulala aba-Gibeyone.
2 Waza ukumkani wababiza aba-Gibeyone,
wati kubo: (kekaloku aba-Gibeyone bebe-
ngengabosapo luka-Sirayeli, koko bebenga-
besisalela saba-Amori; lwaza usapo luka-
Sirayeli lwabafungela; kodwa u-Saule
wafuna ukubabulala ebukweleni bake
ngennxa yosapo luka-Sirayeli no-Juda:)
3 ngako u-Davide wati kuba-Gibeyone:
Ndiya kunenzela 'nto nina? kanjalo ndiya
kulwenza uxoliso nganto nina, ukuba ni-
tamsanqelise ilifa LIKAYEHOVA? 4 Ba-
ndula aba-Gibeyone bati kuye: Asi ko-
kwetu *ukubiza* isilivere negolide ku-Saule,
nakuyo indhlu yake; kanjako asi kokwetu
ukufisa umntu kwa-Sirayeli. Wayesiti:
Into eniya kuyiteta, ndiya kunenzela yona.
5 Baza bati kukumkani: Indoda ebisigqi-
bela, nebicinga ngakuti *ukuba* sitshatya-
laliswe side singabi nakuma kweminye
imida yakwa-Sirayeli, 6 makunikwe kuti
amadoda asixenxe kubo onyana bayo, size
siwaxòmele UYEHOVA e-Gibeha ka-Saule,
umqashwa KAYEHOVA. Wayesiti ukumka-
ni: Ndiya kuwanika.
7 Kodwa ukumkani wanenceba pezu
kwo-Mefiboshete, unyana ka-Jonatane u-
nyana ka-Saule, ngennxa yesifungo SIKA-
YEHOVA, esibe sipakati kwabo, pakati kwo-
Davide no-Jonatane unyana ka-Saule.
8 Koko ukumkani watabata onyana boba-
bini baka-Ritsepa intombi ka-Aya, owaba-
zalela u-Saule, u-Aremoni no-Mefiboshete;
nonyana bobahlanu *bodade* bo-Mikali into-
mbi ka-Saule, owabazalela u-Hadriyeli
unyana ka-Barezilai um-Mehola; 9 waba-
nika esandhleni saba-Gibeyone, ababaxòma
entabeni pambi KWOYEHOVA: bawa bo-
sixenxe kwa kunye, bafiswa emihleni
yokuvuna, kweyokuqala *imihla*, ekuqa-
leni kwokuvunwa kweralasi. 10 Keka-
loku u-Ritsepa intombi ka-Aya watabata
inklakanklaka, wazolulela yona elulwa-
lweni, kwa sekuqaleni kwokuvuna kwada
kwatululwa amanzi pezu kwabo ezulwini,



University of Fort Hare

engavumelanga ukuba intaka zezulu zi-
pumle pezu kwabo emmini, nezilo zasen-
dhle ebusuku.
11 Kwaza kwaxelelwa u-Davide oko
akwenzileyo u-Ritsepa intombi ka-Aya,
ishweshwe lika-Saule. 12 Wandula waya
u-Davide, wasusa amatambo ka-Saule, na-
matambo ka-Jonatane unyana wake, kubo
abemi base-Yabeshe-gileyadi, abebewebile
enkundhleni yase-Bete-shane, apo ama-
Filistiya ebebaxòmile kona, nxa ama-Fili-
stiya abembulele u-Saule e-Giliboha; 13
waza wenyusa kona amatambo ka-Saule,
namatambo ka-Jonatane unyana wake;
kanjalo amatambo abaxònyiweyo bawa-
buta. 14 Baza bawanewaba amatambo
ka-Saule naka-Jonatane unyana wake, eli-
zweni lakwa-Benjamine e-Tsela, encwabe-
ni lika-Kishe uyise. Bakwenza konke
abeyalele ngako ukumkani. Wada UTIXO
wakungeleka ngennxa yelizwe emveni
kwoko.

15 KEKALOKU ama-Filistiya ebeno-
kulwa kanjako ngakubo o-Sirayeli: wehla
u-Davide, nezicaka zake kunye naye, ba-
lwa nama-Filistiya; wada u-Davide wacu-
buka. 16 Waza u-Shibi-benobe, obengo-
wenzalo ka-Rafa, ontshuntshe ibi*zishekele*
zobedu ezimakulu matatu ukuba nzima
kwayo, obebinqiwe ng*erele* elitsha, waba
uya kumbulala u-Davide. 17 Kodwa u-
Abishai unyana ka-Tseruya wamsiza, wam-
beta um-Filistiya lowo, wamfisa. Andula
amadoda ka-Davide amfungela esiti: Aku-
sayi kubuya upume nati ukuya ekulweni,
uze ungacimi isibane so-Sirayeli.
18 Kwaye kute emveni kwoko, kwabu-
ya kwabako ukulwa e-Gobe ngakuwo ama-
Filistiya: okuya u-Sibekai, um-Husha,
wambulala u-Safe, obengowenzalo ka-
Rafa.
19 Kwabuya kwabako ukulwa e-Gobe
ngakuwo ama-Filistiya: waza u-Lehanane,
unyana ka-Yare-oregime, um-Beteleheme,
wambulala *umzalwana* ka-Goliyate um-
Gate, oluti lwentshuntshe belunjengomti
wabaluki.
20 Kwabuya kwabako ukulwa e-Gate:
kwaye kuko *kona* indoda ende, ebineminwe
emitandatu ezandhleni zayo namazwane
amatandatu ezinnyaweni zayo, amashumi
mabini anesine ngenani; kwa yona ibiza-
lelwe kuma-Rafa nayo. 21 Xeshekweni
ibigxeka o-Sirayeli, wandula u-Jonatane,
unyana ka-Shimeha umzalwana ka-Davide,
wayibulala.
22 Aba 'bane bazalelwa kuma-Rafa e-
Gate, bawa ngesandhla sika-Davide, na-
ngesandhla sezicaka zake.

22 WAZA u-Davide wawateta KUYEHOVA
amazwi eliculo, ngomhla UYEHOVA
wamsindisayo esandhleni sazo zonke in-
tshaba zake, nasesandhleni sika-Saule:
2 wayesiti:
UYEHOVA ulilíwa lami, nennqaba yami,
nomkululi wami; 3 UTIXO wami, ilityekazi
lami; ndiya kutembela kuye: ikaka lami,
nopondo lwosindiswa lwami, ihlati lami,
nendawo yokupepela yami, umsindisi wa-
mi; uyandisindisa wena ebudhlwengwini.
4 Ndobiza KUYEHOVA, odumisekayo; nda-
ndiya kusindiswa ezintshabeni zami.
5 Ngokuba amaza okufa ebendiraula;
imisinga yobunginingini yandoyikisa; 6
intambo zehadesi zandingqonga; imigibe
yokufa yandipangela; 7 ebunzimeni bami
ndabiza KUYEHOVA, ndabiza KUTIXO wami;
waza weva ilizwi lami esetempileni yake,
nokukala kwami *kweza* ezindhlebeni zake.
8 Wandula umhlaba wazamazama, wangca-
ngcazela; amasekwa ezulu ashukuma, a-
zamazama, ngokuba ebequmbile. 9 Kwe-
nyuka umsi ezimpumlweni zake, nomlilo
uvela emlonyeni wake wadhla; amalahle
avuta ngawo. 10 Wagoba izulu, wehla;
sasitokotoko pantsi kwennyawo zake.
11 Wakwela pezu kwekerubime, wapapa-
zela; wabonakala pezu kwamapiko ommo-
ya. 12 Ubumnyama wabenza intente
ngento emngqongayo, inklanganiso yama-
nzi, amafu abungqingwa ezulu. 13 Ngen-
kazimlo epambi kwake avuta amalahle
omlilo. 14 UYEHOVA wadudumisa ezu-
lwini; opezu konke wanika ilizwi lake.
15 Watuma intolo, wabacita; *n*emibane,
wabapitizelisa. 16 Kwandula kwabona-
kala amazantsi olwandhle, atyileka amase-
kwa omhlaba, ngokutetisa KUKAYEHOVA,
ngokuquta kwommoya wempumlo zake.
17 Wasusa pezulu, wanditabata; wandi-
rola emanzini amaninzi; 18 wandisindisa
elutshabeni lwami olunamandhla; *na*kwa-
bo banditiyayo, ngokuba bebendidhlula
ngamandhla. 19 Bandipangela ngomhla
wengozi yami; kodwa UYEHOVA ebesisixaso
kumi. 20 Wandipunisela endaweni eba-
nzi, wandikulula, ngokuba ebekoliswa
ndimi.



University of Fort Hare
Together in Excellence

21 UYEHOVA wandivuza njengobulungisa
bami; njengobumhlope bezandhla zami
wandibuyekezela. 22 Ngokuba ndizigci-
nile indhlela ZIKAYEHOVA, ndandingemka-
nga ngenkohlakalo KUTIXO wami. 23 Ngo-
kuba zonke izigwebo zake zibe zipambi
kwami; nemimiso yake andipambukanga
kuyo. 24 Bendilungisekile pambi kwake,
ndandizibamba enkohlakalweni yami: 25
ngako UYEHOVA undibuyekezele njengobu-
lungisa bami, njengobumhlope bami pa-
mbi kwamehlo ake. 26 Konobubele uya-
zibonakalisa unobubele; kwindoda elu-
ngisekile uyazibonakalisa ulungisekile;
27 komsulwa uyazibonakalisa umsulwa;
nakogwenxa uyazibonakalisa ugwenxa.
28 Kanjalo abantu ababandezelweyo uya-
basindisa; kodwa amehlo ako angakubo
abaneratshi, *ukuba* ubatobise.

29 Ngokuba wena usisibane sami, YE-
HOVA! UYEHOVA uyakanyisa ubumnyama
bami. 30 Ngokuba ngawe ndiliwele iba-
ndhla; NGOTIXO wami ndigqitile eludonge-
ni. 31 UTIXO indhlela yake ifezekile uku-
lunga; ilizwi LIKAYEHOVA licocekile: ulika-
ka yena kubo bonke abatembela kuye. 32
Ngokuba ngubanina ONGUTIXO ngapandhle
KWOYEHOVA? ngubanina olilityekazi nga-
pandhle KWOTIXO wetu? 33 UTIXO uyin-
nqaba yami yamandhla; uyamalatisa olu-
ngisekileyo indhlela yake. 34 Uyenza
innyawo zami zibe njengezamaxamakazi;
uyandimisa ezinnyangweni zami. 35 Uya-
fundisa izandhla zami ukulwa, side sitye-
dwe isipeta sexina ngengalo zami. 36 U-
ndipile ikaka losindiso lwako; ukululama
kwako kundenze 'mkulu. 37 Wabusenza
banzi ukunyatela kwami pantsi kwami;
ati amaqata ami akahexa. 38 Ndaputuma
intshaba zami, ndazitshabalalisa; andabu-
ya ndada ndazigqibela. 39 Ndazigqibela,
ndazityumza, azabuya zivuke; zawa pantsi
kwennyawo zami. 40 Ngokuba ubundibi-
nqela ukulwa ngamandhla; ubatobisile
pantsi kwami abo babevuka ngakumi:
41 wandinika umhlana wentshaba zami,
ndize ndibapelise abanditiyayo. 42 Baka-
ngela, kodwa bekungeko osindisayo; *kwa*
KUYEHOVA, kodwa akabapendula. 43 Ndaza
ndabacolekisa njengotuli lwomhlaba; nda-
banqusha njengenkunkuma yesitarate, nda-
bangqisha. 44 Kanjalo undikulule ema-
pikeni abantu bami, wandigcina ndibe
yinkloko yenklanga; abantu endingabaza-
nga bayandikonza. 45 Abasemzini baya-
zenzisa kumi; ngokuva kwendhlebe baya-
pulapula kumi. 46 Abasemzini bayasinya,
bayabinqa *bapume* ezinnqatyeni zabo.

47 UYEHOVA uhleli; malibongwe ilitye-
kazi lami; makadunyiswe UTIXO wami,
ilityekazi losindiswa lwami. 48 NGUTIXO
ondenzela impindezelo, oweyelisa abantu
pantsi kwami, 49 ondipumisa ezintshabeni
zami: wena undipakamisele ngapezulu
kwabo bavuka ngakumi; undikulule em-
ntwini wobudhlwengu. 50 Ngako oko
ndobulela kuwe, YEHOVA! pakati kwa-
baheyideni, ndicule egameni lako: 51 owa-
ndisa intsindiswa zokumkani wake; owe-
nza ububele kumtanjiswa wake, ku-Davide,
nakuyo inzalo yake kude kube ngunapa-
kade.

23 NANGA amazwi okugqibela ka-Da-
vide: watsho u-Davide unyana ka-
Jese, yatsho indoda ebipakanyiswa pezulu,
umtanjiswa WOTIXO ka-Yakobi, nomculi
omnandi wakwa-Sirayeli, *ukuti:*

2 Umoya KAYEHOVA wateta ngami, neli-
zwi lake belipezu kwolwimi lwami. 3 Wa-
ti UTIXO wo-Sirayeli,—olilityekazi lo-Sira-
yeli wateta kumi, *esiti: Kwobako* umpati
pezu kwabantu, olungileyo, umpati emoyi-
ka UTIXO; 4 oya kuba njengokukanya
kwokusa, lakupuma ilanga, *njeng*okwokusa
okungenamafu, *njeng*ennca eluhlaza *ipu-
ma* emhlabeni ngokukazimla emva kwem-
vula. 5 Nakuba indhlu yami ingenjalo
KUTIXO, undimisele ucebano olungunapaka-
de noko, olulungiselelweyo ngento zonke,
oluqinisiweyo; ngokuba engayi kuluhlu-
misa ngennyaniso na lwonke usindiswa
lwami, nalo lwonke unqwenelo *lwami?*
6 Kodwa *abalusapo* lwobunginingini bona
bonke boba njengameva asunduzwayo,
ngokuba engenako ukutatyatwa ngeza-
ndhla; 7 nosukuba eya kuwapata, wonqa
tyiswa ngentsimbi nangoluti lwentshu-
ntshe; aeya kutshiswa kanye ngomlilo
endaweni *yawo.*

8 NANGA amagama amagora u-Davide
abenawo: u-Yoshebe-bashebete um-Taha-
kemoni, inkloko yenjengele; nguye u-
Hadino um-Hetsene: *yena wavivinya intshu-
ntshe yake* ngakuwo amakulu asibozo aba-
hlatyiweyo *nguye* ngexesha linye.

9 Kwaye kuko emva kwake u-Elezari,
unyana ka-Dodo, unyana wom-Ahoha; ebe-
pakati kwawo amagora amatatu ndawonye



University of Fort Hare
Together in Excellence

no-Davide, akuba ebegxeka ama-Filistiya
abebutene kona ukulwa, nxa amadoda
akwa-Sirayeli abenyukile: 10 wesuka ye-
na, wabulala ama-Filistiya sada sadinwa
isandhla sake, sati nama isandhla sake
ereleni: waza UYEHOVA wenza usindiso
olukulu ngalomhla; bati abantu babuyela
emva kwake ngenxa yokupanga ku-
pela.

11 Kwaye kuko emva kwake u-Shama,
unyana ka-Age, um-Harari. Kekaloku ama-
Filistiya ebebutene abe libandhla, apo be-
kuko kona isahlulo somhlaba sizele zile-
ntile; baza abantu besaba ebusweni bama-
Filistiya. 12 Kodwa wazimisa pakati
kwentsimi leyo, wayilondoloza, wawabu-
lala ama-Filistiya: waza UYEHOVA wenza
usindiso olukulu.

13 Kwaye kusihla abatatu bakubo aba-
mashumi matatu abazinkloko, beza ku-
Davide ngexesha lokuvuna emqolombeni
we-Hadulame: lati ibandhla lama-Filistiya
lati waca emhlanjeni wama-Rafa. 14
Waye u-Davide oko ebesenqatyeni, ne-
lali yama-Filistiya ibiko oko e-Betele-
heme. 15 Waza u-Davide walangazelela,
wati: Akwaba bendinokusezwa amanzi
equleni lase-Beteleheme, elisesangweni!
16 Asuka lamagora matatu atyoboza
emkosini wama-Filistiya, aka amanzi
equleni lase-Beteleheme, elisesangweni,
awatwala, awazisa ku-Davide: koko u-
Davide ebengavumi ukuwasela, kodwa
wawatululela KUYEHOVA, 17 wati: Makube
lé kumi, YEHOVA! ukuba ndiyenze lento;
*ndiya kusela* igazi lalamadoda na, abeha-
mba ngokubuncama ubomi bawo? ngako
ebengavumi ukuwasela. Ezizinto azenza
lawomagora matatu.

18 Kanjalo u-Abishai, umninawe ka-
Jowabi, unyana ka-Tseruya, ebeyinkloko
yabatatu: yena wavivinya intshuntshe yake
ngakuwo amakulu matatu abahlatyiweyo
*nguye*, waza wanegama pakati kwabatatu
abo. 19 Kubo abatatu abo *asi* nguye na
obekekileyo? ngako waba yinkosi yabo;
kodwa akafikelela kwabatatu *bokuqala*.

20 No-Benaya, unyana ka-Yoyada, unya-
na wendoda eburoti, obemkulu ngezenzo,
owase-Kabetsele, yena wabulala amadoda
mabini abungonyamara ase-Mowabi: ka-
njako wehla wabulala ingonyama pakati
kwomnxuma ngomhla wengqele: 21 wa-
bulala nendoda engum-Jipete, indoda e-
nomkita; nasesandhleni som-Jipete lowo
ibiko intshuntshe; koko wehlela kuye
ngentonga, wayityutula intshuntshe esa-
ndhleni som-Jipete, wambulala ngeyake
intshuntshe. 22 Ezizinto wazenza u-Be-
naya unyana ka-Yoyada, waza wanegama
pakati kwalawomagora matatu. 23 Pa-
kati kwabo abamashumi matatu ebebeke-
kile; kodwa akafikelela kwabatatu *bokuqa-
la*. Wati u-Davide wammisa pezu kwom-
lisela wake.

24 U-Hasaheli umninawe ka-Jowabi
ebepakati kwabo abamashumi matatu; u-
Lehanane unyana ka-Dodo, um-Betelehe-
me; 25 u-Shama, um-Harodi; u-Elika,
um-Harodi; 26 u-Heletse, um-Paliti; u-
Hira unyana ka-Hikeshe, um-Tekoha;
27 u-Abihezere, um-Hanatote; u-Mebunai,
um-Husha; 28 u-Tsalimone, um-Ahoha;
u-Maharai, um-Netofati; 29 u-Helebe u-
nyana ka-Bahana, um-Netofati; u-Yitai
unyana ka-Ribai, owase-Gibeha yosapo
luka-Benjamine; 30 u-Benaya, um-Pira-
tone; u-Hidai, owasezintilini zase-Gaha-
she; 31 u-Abi-halibone, um-Haraba; u-
Hazamaveti, um-Bahurime; 32 u-Eliyaba,
um-Shahalaboni; *kubo* onyana baka-Yashe-
ne, u-Jonatane; 33 u-Shama, um-Harari;
u-Ahiyame unyana ka-Sharare, um-Harari;
34 u-Elifelete unyana ka-Ahasebai, unya-
na wom-Mahaka; u-Eliyame unyana ka-
Ahitofele, um-Gilo; 35 u-Hetserai, um-
Karamele; u-Parai, um-Areba; 36 u-Yi-
gali unyana ka-Natane, owase-Tsoba; u-
Bani, um-Gadi; 37 u-Tseleki, um-Hamoni;
u-Naharai, um-Berote, umtwali wezixòbo
ku-Jowabi unyana ka-Tseruya; 38 u-Hira,
um-Yetere; u-Garebi, um-Yetere; 39 u-
Huriya, um-Hete: bonke bangamashumi
matatu anesixenxe.

24 YABUYA yavuta ingqumbo KAYEHO-
VA ngakubo o-Sirayeli; waza wam-
vusa u-Davide ngakubo, esiti: Hamba,
ubale o-Sirayeli no-Juda. 2 Wayesiti u-
kumkani ku-Jowabi, inkosi yempi ebina-
ye: Kaucande kuzo zonke izizwe zo-Sira-
yeli, kwa se-Dane kude kube se-Beresheba,
nibale abantu, ukuba ndilazi inani labantu.
3 Waza wati u-Jowabi kukumkani: Ma-
kongeze UYEHOVA, UTIXO wako, ebantwini,
*inani* elinjengokuba bengaka, nelinjengo-
kuba bengaka kube ngamaxesha alikulu,
aze amehlo enkosi yami ukumkani abone
*oko:* kunganina pofu ukuba inkosi yami
ukumkani inyamekela lento? 4 Kodwa



University of Fort Hare
Together in Excellence

ilizwi lokumkani belinamandhla pezu kwe-
lika-Jowabi, napezu kwelenkosi zempi.
Waza wapuma u-Jowabi nenkosi zempi
ebusweni bokumkani ukuya kubala abantu,
o-Sirayeli. 5 Basuka bawela i-Yoredane,
bati waca e-Harohere, ngasesuyide yesi-
xeko esipakati kwentili ka-Gadi, nangase-
Yahezere: 6 bandula beza e-Gileyadi, na-
sezweni lase-Tahetime-hodeshi; beza nase-
Dane-yahane, na*sezweni* elingqongayo i-
Tsidone; 7 beza nasennqatyeni yase-Tire,
nakuzo izixeko zama-Hivi nezaba-Kanane;
bada bapumela ngasesuyide yakwa-Juda,
e-Beresheba. 8 Bati bakuba becandile
kulo lonke ilizwe, bafika e-Yerusaleme
ekupeleni kwennyanga ezilitoba nentsuku
ezimashumi mabini. 9 Waza u-Jowabi
wanika inani lokubalwa kwabantu kuku-
mkani: kekaloku kwabako kwa-Sirayeli
amawaka angamakulu asibozo amadoda
aburoti, aberola irele; namadoda akwa-
Juda, ebengamadoda angamawaka anga-
makulu mahlanu.
10 Yandula inkliziyo ka-Davide yambe-
ta, emveni kwokuba ebebalile abantu.
Waza wati u-Davide KUYEHOVA: Ndonile
kakulu ngoko endikwenzileyo: kodwa ka-
loku, YEHOVA! zukwelelise inkohlakalo
yesicaka sako, ngokuba ndenze ngobudenge
kakulu. 11 Kwati kwakuvuka u-Davide
kusasa, kweza ilizwi LIKAYEHOVA ku-Gadi
umprofite, umboni ka-Davide, lisiti: 12
Hamba, uye utete ku-Davide, *usiti:* Utsho
UYEHOVA ukuti: *Izinto* ezintatu ndiyazi-
beka pambi kwako; zinyulele ibe 'nnye
kuzo, ukuba ndiyenze kuwe. 13 Wasuka
u-Gadi weza ku-Davide, wamxelela, wati
kuye: Kuya kuza kuwe iminyaka esixe-
nxe yendhlala na elizweni lako? umhla-
umbi uya kwesaba na innyanga ezintatu
pambi kwentshaba zako, uxa zikuputuma-
yo? umhlaumbi iya kubako imihla emitatu
yesifo esibubisayo elizweni lako kusinina?
telekelela kaloku, ngqale lelinina ilizwi
endiya kulibuyisela konditumileyo. 14
Waza u-Davide wati ku-Gadi: Ndixakekile
kakulu; makesiwe esandhleni SIKAYEHOVA,
ngokuba izibele zake zininzi; mandingawi
esandhleni sabantu.
15 Ngako UYEHOVA watuma isifo esibu-
bisayo kwa-Sirayeli, kwa kuwo umso lowo
kude kwakulo ixesha elimisiweyo: aza afa
kubantu, kwa se-Dane kude kwase-Bere-
sheba, amadoda angamawaka angamashumi
asixenxe. 16 Yati yakwolula ingelosi
isandhla sayo pezu kwe-Yerusaleme uku-
yitshabalalisa, wandula UYEHOVA waba no-
sizi pezu kwobubi obo, wati kuyo ingelosi
ebitshabalalisa ebantwini: Kwanele; ye-
kisa kaloku isandhla sako. Kekaloku
ingelosi KAYEHOVA ibingasesibayeni soku-
bula sika-Arauna um-Yebusi. 17 Waza
wateta u-Davide KUYEHOVA, akuyibona
ingelosi ebibeta ebantwini, wati: Bona
ke, ndimi endonileyo, kanjalo ndimi ende-
nze ngobugwenxa; kodwa igusha ezi, yin-
to nina ziyenzileyo? isandhla sako masibe
ngakumi, nangakuyo indhlu kabawo.
18 Kanjalo u-Gadi weza ku-Davide nga-
lomhla, wati kuye: Nyuka, ummisele U-
YEHOVA isibingelo esibayeni sokubula sika-
Arauna um-Yebusi. 19 Wayo u-Davide
wenyuka ngelizwi lika-Gadi, njengokuba
UYEHOVA ebeyalele. 20 Wati u-Arauna
wakangela, wabona ukumkani nezicaka za-
ke bedhlula besiza ngakuye; waza wapu-
ma u-Arauna, wazitoba pambi kwokumkani
ngobuso bake ngasemhlabeni. 21 Waza
wati u-Arauna: Kunganina ukuba inkosi
yami ukumkani ize esicakeni sayo? Wa-
yesiti u-Davide: Ukuba nditenge kuwe
isibaya sokubula, ukuze ndimakele UYEHO-
VA isibingelo, ukuba isibulalo sinqamke
ebantwini. 22 Wandula u-Arauna wati
ku-Davide: Maiti inkosi yami ukumkani
itabate inikele konke okulungileyo eme-
hlweni ayo; kangela, *nanzi* inkabi zibe li-
dini lokutshiswa, nennqwelwana zokubula
nempahla zenkabi zibe zinkuni. 23 Ezi-
zinto zonke wazinika u-Arauna kuye uku-
mkani. Wati kanjalo u-Arauna kukumka-
ni: UYEHOVA, UTIXO wako, makakubuke.
24 Kodwa ukumkani wati ku-Arauna:
Hai; koko ndiya kusitenga ngennyaniso
kuwe ngenani; ngokuba ndingayi kuni-
kela KUYEHOVA, UTIXO wami, amadini oku-
tshiswa angamelwanga 'nto. Kwa njalo
u-Davide watenga isibaya sokubula nenka-
bi ngeshekele zesilivere ezimashumi ma-
hlanu. 25 Waza u-Davide wakela kona
KUYEHOVA isibingelo, wanikela amadini
okutshiswa neminikelo yoxolo. Ngako
UYEHOVA wakungeleka ngennxa yelizwe,
sada sanqamka isibulalo kwa-Sirayeli.



University of Fort Hare
Together in Excellence

# EYOKUQALA INNCWADI

# YOKUMKANI.

## ISAHLUKO I.

KEKALOKU ukumkani u-Davide ebe-
mdala, ekolisile ukuba nemihla; baye
bemgubungela ngengubo, kodwa bekunge-
ko 'kufudumala kuye. 2 Zaza izicaka zake
zati kuye: Makufunelwe inkosi yami u-
kumkani intombi, intombi ipela, eya kuma
ebusweni bokumkani, ibe likolwanekazi
lake; mailale esifubeni sako, ize ifuduma-
le inkosi yami ukumkani. 3 Basuka ba-
funa intombi enkle kuyo yonke imida ya-
kwa-Sirayeli, bamfumana u-Abishage um-
Shunemekazi, bamzisa kukumkani. 4 Yaye
intombi leyo ibinkle kunene, yaba liko-
lwanekazi lokumkani, yamonga; kodwa
ukumkani wabengayazi.

5 Wandula u-Adonija unyana ka-Hagiti
wazipakamisa, esiti: Mina ndoba nguku-
mkani; waza wazilungisela innqwelo na-
bakweli bamahashe, namadoda angamashu-
mi mahlanu abaleke pambi kwake. 6 Ke-
kaloku uyise ebengambindisanga emihleni
yake ngokuti: Yinina ukuba wenje njalo?
Yena naye ebemhle kakulu isimilo sake,
wati *unina* wamzala emva kwo-Abasalome.
7 Waza wacebisana no-Jowabi unyana ka-
Tseruya, no-Abiyatare umperiste; ababe-
nceda, belandela u-Adonija. 8 Kodwa u-
Tsadoki umperisite, no-Benaya unyana ka-
Yoyada, no-Natane umprofite, no-Shimehi,
no-Rehi, namagora abengaka-Davide, bebe-
ngeko no-Adonija. 9 Waza u-Adonija
wabinga igusha, nenkabi, nenkomo ezitye-
tyisiweyo, ngasetyeni le-Zohelete, elinga-
semtonjeni we-Rogele, wamema bonke
abazalwana bake, onyana bokumkani, na-
wo onke amadoda akwa-Juda, izicaka zo-
kumkani: 10 kodwa u-Natane umprofite,
no-Benaya, namagora, no-Solomone umza-
lwana wake, akabamema.

11 Wandula wateta u-Natane ku-Bate-
sheba unina ka-Solomone, esiti: Akuvile
na okokuba u-Adonija unyana ka-Hagiti
ungukumkani, inkosi yetu u-Davide inga-
kwazi nje? 12 Ngako kaloku yiza ke,
makendikunike icebo, ukuba usindise ubo-
mi bako, nobomi bonyana wako u-Solomo-
ne. 13 Hamba uye ungene kukumkani
u-Davide, uti kuye: Akufunganga na we-
na, nkosi yami, kumkani! kwisicakakazi
sako, ngokuti: Ngennyaniso u-Solomone
unyana wako woba ngukumkani emva
kwami, waeya kuhlala yena pezu kwete-
rone yami? kunganina ngoko ukuba u-
Adonija ungukumkani? 14 Bona ke, nxa
usateta kona nokumkani, sendiya kungena
mina emva kwako, ndiwaqinise amazwi
ako.

15 Waza u-Batesheba wangena kuku-
mkani enkambilini: kekaloku ukumkani
ebemdala kakulu; wati u-Abishage um-
Shunemekazi wamonga ukumkani. 16
Watoba pantsi u-Batesheba, waziqubuda
pambi kwokumkani. Waza wati ukumka-
ni: Ufuna 'nto nina? 17 Wayesiti kuye:
Nkosi yami! wena wamfunga UYEHOVA,
UTIXO wako, kwisicakakazi sako, *ngokuti:*
Ngennyaniso u-Solomone unyana wako
woba ngukumkani emva kwami, waeya
kuhlala yena pezu kweterone yami!
18 Kanti kaloku, nanku u-Adonija engu-
kumkani; kanti kaloku, nkosi yami, ku-
mkani! akukwazi: 19 kanjalo ubingile
inkabi, nenkomo ezityetyisiweyo, negusha
ngento enninzi, wamema bonke onyana
bokumkani, no-Abiyatare umperisite, no-
Jowabi inkosi yomkosi; kodwa u-Solomo-
ne isicaka sako akummemanga. 20 Nawe,
nkosi yami, kumkani! amehlo o-Sirayeli
bonke angakuwe, ukuba ubaxelele ungu-
banina oya kuhlala pezu kweterone yonko-
si yami ukumkani emva kwayo. 21 Oka-
nye kuya kuti, nxa inkosi yami ukumkani
iya kulala noyise bayo, mina nonyana wa-
mi u-Solomone soba ngaboni.

22 Kekaloku bona ke, nxa asateta no-
kumkani, wangena no-Natane umprofite.
23 Kwaxelwa ke kukumkani, kusitwa:
Nanku u-Natane umprofite. Waza wange-
na ebusweni bokumkani, wazitoba pambi
kwokumkani ngobuso bake ngasemhlabeni.
24 Wayesiti u-Natane: Nkosi yami, ku-



University of Fort Hare
Together in Excellence

mkani! utshilo na wena ukuti: u-Adonija
woba ngukumkani emva kwami, waeya
kuhlala yena pezu kweterone yami? 25
Ngokuba ehlile namhla, waya wabinga
inkabi, nenkomo ezityetyisiweyo, negusha
ngento enninzi, wamema bonke onyana
bokumkani, nenkosi zomkosi, no-Abiyatare
umperisite: kanjalo, bona ke, bayadhla
bayasela nokusela pambi kwake, bati: Ma-
kapile ukumkani u-Adonija! 26 Kodwa
mina, mina 'sicaka sako, no-Tsadoki umpe-
risite, no-Benaya unyana ka-Yoyada, no-
Solomone isicaka sako, akasimemanga. 27
Kanene lento yenziwe yinkosi yami uku-
mkani na, ungasazisanga ke isicaka sako
ungubanina oya kuhlala pezu kweterone
yenkosi yami ukumkani emva kwayo?
28 Wapendula ukumkani u-Davide, wa-
ti: Ndibizele u-Batesheba. Waza wange-
na ebusweni bokumkani, wema pambi
kwokumkani. 29 Wandula wafunga uku-
mkani, wati: Ehleli nje UYEHOVA, okulu-
leyo umpefumlo wami kulo lwonke uxine-
zeko; 30 ngennyaniso, njengokuba bendi-
kufungela UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
ndisiti: Ngennyaniso u-Solomone unyana
wako woba ngukumkani emva kwami,
waeya kuhlala yena pezu kweterone yami
esikundhleni sami; ngennyaniso ndiya
kwenje njalo namhla nje. 31 Waza u-
Batesheba watoba ngobuso ngasemhlabeni,
waziqubuda pambi kwokumkani, wati:
Maipile inkosi yami ukumkani u-Davide
kude kube ngunapakade!
32 Wayesiti ukumkani u-Davide: Ndi-
bizele u-Tsadoki umperiste, no-Natane
umprofite, no-Benaya unyana ka-Yoyada.
Baza bangena ebusweni bokumkani. 33
Waza ukumkani wati kubo: Zitabateni
nani izicaka zenkosi yenu, nikwelise u-
Solomone unyana wami pezu kweqwarara
elilelami, nihle naye ngase-Gihone; 34 ma-
bati u-Tsadoki umperisite, no-Natane um-
profite, bamtambise kona abe ngukumkani
pezu kwo-Sirayeli; nize nivutele ngexilo-
ngo, niti: Makapile ukumkani u-Solomo-
ne! 35 Niya kwandula ninyuke emva
kwake, ukuba eze ahlale pezu kweterone
yami; ngokuba yena eya kuba ngukumka-
ni esikundhleni sami; kanjalo yena ndim-
misele ukuba abe yinkosi pezu kwo-Sira-
yeli napezu kwo-Juda. 36 Waza u-Benaya
unyana ka-Yoyada wapendula ukumkani,
wati: Amene; wanga angatsho njalo
UYEHOVA, UTIXO wenkosi yami ukumkani!
37 Njengokuba UYEHOVA ebeko nenkosi
yami ukumkani, kwa njalo makabeko no-
Solomone; neterone yake ayenze nkulu
pezu kweterone yenkosi yami ukumkani
u-Davide.
38 Wandula wehla u-Tsadoki umperisi-
te, no-Natane umprofite, no-Benaya unyana
ka-Yoyada, naba-Kereti, naba-Peleti, bam-
kwelisa u-Solomone pezu kwalo iqwarara
lokumkani u-Davide, bamkokela ngase-
Gihone. 39 Waye u-Tsadoki umperisite
watabata upondo lweoli ententeni, wamta-
mbisa u-Solomone. Baza bavutela ngexi-
longo, bati bonke abantu: Makapile uku-
mkani u-Solomone! 40 Basuka bonke a-
bantu benyuka emva kwake, bati abantu
kanjalo baloza ngemilozi, bavuya ngovuyo
olukulu, wada warazuka umhlaba ngenklo-
koma yabo.
41 Kekaloku weva u-Adonija, nabo bo-
nke abamenywa ababenaye, uxa bebegqi-
bile ukudhla. Weva no-Jowabi inklokoma
yexilongo, wati: Inganina *l*engxokozelo
yesixeko sinempitimpiti? 42 Nxa asateta,
bona ke, u-Jonatane, unyana ka-Abiyatare
umperisite, wafika; waza wati u-Adonija:
Ngena, ngokuba wena uyindoda etembeki-
leyo, uya kushumayela indaba ezilungile-
yo. 43 Wapendula u-Jonatane wati ku-
Adonija: Okunene inkosi yetu, ukumkani
u-Davide, imenzile u-Solomone abe ngu-
kumkani; 44 waye ukumkani etumile
naye, u-Tsadoki umperisite, no-Natane
umprofite, no-Benaya unyana ka-Yoyada,
naba-Kereti, naba-Peleti, abamkwelisile
pezu kwalo iqwarara lokumkani; 45 ka-
njalo u-Tsadoki umperisite, no-Natane
umprofite, bamtambisile abe ngukumkani
e-Gihone; benyukile kwa kona bevuya,
sada sazanyazanyiswa isixeko: yiyo ingxo-
kozelo eniyivileyo: 46 nakanjako u-Solo-
mone uhleli pezu kweterone yobukumkani.
47 Ewe kanjako zeza izicaka zokumkani
ukutamsanqelisa inkosi yetu, ukumkani u-
Davide, zisiti: Igama lika-Solomone ma-
kalenze UTIXO lilungile pezu kwegama
lako, neterone yake ayenze nkulu pezu
kweterone yako. Waza ukumkani wazito-
ba pezu kwomandhlalo. 48 Kananjalo
watsho ukumkani ukuti: Makabongwe
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ondinikileyo
namhla ohleliyo pezu kweterone yami,
amehlo ami ebonile nje!
49 Baza bankwantya bonke abamenywa
ababekuye u-Adonija, besuka, bahamba



University of Fort Hare
Together in Excellence

abanye ngabanye ngendhlela yabo. 50 Wo-
yika no-Adonija ngennxa ka-Solomone,
wesuka, wahamba, waya wabambelela
ezimpondweni zesibingelo. 51 Kwaza kwa-
shunyayelwa ku-Solomone, kusitwa: Na-
nkuya u-Adonija esoyika ukumkani u-So-
lomone; ngokuba, bona ke, selebambile
impondo zesibingelo, esiti: Makandifu-
ngele namhla nje ukumkani u-Solomone,
ukuba akayi kufisa isicaka sake ngerele.
52 Wayesiti u-Solomone: Ukuba uya kwe-
nza njengendoda etembekileyo, akuyi ku-
wa nalunye lwennwele zake ngasemhlabe-
ni; kodwa ukuba inkohlakalo iya kufunya-
nwa kuye, uya kwandula afe. 53 Watuma
ke u-Solomone, baza bamhlisa esibingelwe-
ni. Wasuka weza, wazitoba pambi kwoku-
mkani u-Solomone. Wati u-Solomone
kuye: Yiya endhlwini yako.

2 KWADA kwasondela imihla ka-Davide
yokuba afe; waza wamyolela u-Solomo-
ne unyana wake, esiti: 2 Mina ndiyaha-
mba ngendhlela yomhlaba wonke: uze
womelele, wenze njengendoda; 3 uwugci-
ne umyalezelo KAYEHOVA, UTIXO wako,
ukuhamba ezindhleleni zake, ukugcina
imimiso yake, nemiyalelo yake, nezigwe-
bo zake, nezinqìnelo zake, njengokubàli-
weyo emtetweni ka-Mosesi: ukuze ulu-
ngiseke kuko konke okwenzayo, nalapo
usukuba usinga kona; 4 ukuze UYEHO-
VA aliqinise ilizwi owalitetayo ngami,
esiti: Ukuba oonyana bako baya kulu-
mkela indhlela yabo, ukuhamba ebusweni
bami ngennyaniso, ngayo yonke inkliziyo
yabo, nangawo wonke umpefumlo wabo,
akuyi kukunqamkela indoda (wabesitsho)
pezu kweterone yakwa-Sirayeli. 5 Kanja-
ko wena uyakwazi oko wakwenzayo kumi
u-Jowabi unyana ka-Tseruya, oko wakwe-
nzayo kwinkosi ezimbini zemikosi yo-
Sirayeli, ku-Abenere unyana ka-Nere, na-
ku-Hamasa unyana ka-Yetere, owababula-
layo, wapalaza igazi lemfazwe ekuxoleni,
wabeka igazi lemfazwe pezu kwombinqo
wake obusesinqeni sake, napezu kwezihla-
ngu zake ebezisezinnyaweni zake: 6 yenza
ngoko ngobulumko bako, uze ungazihliseli
encwabeni izimvi zake ngoxolo. 7 Kodwa
oonyana baka-Barezilai um-Gileyadi, be-
nzele bona ububele; mababe pakati kwabo
abadhlayo etafileni yako: ngokuba kwa
ngokunjalo bebesondela kumi, ndakusaba
ebusweni buka-Abasalome umzalwana wa-
ko. 8 Kanjalo, bona ke, kuko nawe u-
Shimehi unyana ka-Gera, um-Benjamine
wase-Bahurime, owandiqalekisayo ngesi-
qalekiso esinzima, emhleni ndabendisiya
e-Mahanayime: kodwa wehla ukuza ku-
ndikaulela e-Yoredane, ndaza ndamfungela
UYEHOVA, ndisiti: Andiyi kukufisa ngerele.
9 Ngako kaloku, ungamyeki angabi na-
tyala, ngokuba wena uyindoda elumkile-
yo; wauya kukwazi oko unga ukwenza
kuye, ukuba uzihlisele encwabeni izimvi
zake ngegazi.

10 Wada walala u-Davide noyise bake,
wancwatywa esixekweni sika-Davide. 11
Kekaloku imihla u-Davide ebepete ubu-
kumkani ngayo pezu kwo-Sirayeli, ibiyi-
minyaka engamashumi mane: e-Hebrone
wapata ubukumkani iminyaka yasixenxe,
nase-Yerusaleme wapata ubukumkani imi-
nyaka yamashumi matatu anamitatu.

12 WAZA u-Solomone wahlala pezu
kweterone ka-Davide uyise; bati ubuku-
mkani bake baqiniswa kakulu. 13 Wa-
ndula weza u-Adonija unyana ka-Hagiti
ku-Batesheba unina ka-Solomone; owati:
Luxolo na ukuza kwako? Wayesiti: Lu-
xolo. 14 Walekela wati: Ndinelizwi ku-
we. Wayesiti: Teta. 15 Waza wati:
Uyazi wena ukuba ubukumkani ububoba-
mi, nokuba bonke o-Sirayeli bebebekile
ubuso babo pezu kwami, ukuba ndibe
ngukumkani; kodwa buguqukile ubuku-
mkani, baba bobomzalwana wami; ngoku-
ba bebubobake buvela KUYEHOVA. 16 Na-
kaloku, ndiyacela isicelo sinye kuwe,
ungasongi ubuso bami. Wayesiti kuye:
Teta. 17 Waza wati: Zutete ku-Solomone
ukumkani, (ngokuba engayi kusonga ubu-
so bako,) ukuba andinike u-Abishage um-
Shunemekazi abe ngumfazi. 18 Wayesiti
u-Batesheba: Kulungile; ndokutetela ku-
kumkani.

19 Waza waya u-Batesheba kukumkani
u-Solomone, ukuba atete kuye ngennxa
ka-Adonija. Wesuka ke ukumkani ukuya
kumkaulela, watoba kuye; wandula wahlala
eteroneni yake, wambekela unina woku-
mkani isihlalo; waya wahlala ngasekunene
kwake. 20 Waza wati: Ndiyacela kuwe
isicelo sinye esincinane, ungasongi ubuso
bami. Wati ukumkani kuye: Cela, má!
ngokuba ndingayi kusonga ubuso bako.
21 Wayesiti: Makanikwe u-Abishage um-
Shunemekazi ku-Adonija umzalwana wako



University of Fort Hare
Together in Excellence

abe ngumfazi. 22 Wapendula ukumkani
u-Solomone, wati kuye unina: Kunganina
pofu ukuba umcelele u-Adonija u-Abishage
um-Shunemekazi? mcelele ubukumkani
nabo; ngokuba engumkuluwe wami yena;
ewe *celela* yena, no-Abiyatare umperisite,
no-Jowabi unyana ka-Tseruya. 23 Waza
ukumkani u-Solomone wafunga UYEHOVA,
esiti: UTIXO makenje njalo kumi, alekele
ukwenje njalo, ukuba u-Adonija akaliteta-
nga elilizwi ngakubo ubomi bake! 24
Ngako kaloku, ehleli nje UYEHOVA, ondiqi-
nisileyo, wandihlalisa pezu kweterone ka-
Davide ubawo, nondenzeleyo indhlu, nje-
ngoko abekutetile, ngennyaniso namhla
uya kufiswa u-Adonija! 25 Wandula
watuma ukumkani u-Solomone ngesandhla
sika-Benaya unyana ka-Yoyada; owamwe-
layo wada wafa.

26 Nakuye u-Abiyatare umperisite wati
ukumkani: Hamba uye e-Hanatote, ema-
simini ako; ngokuba wena ufanelwe ku-
kufa: kodwa ngelixesha andiyi kukufisa,
ngokuba ubuyitwala ityeya YENKOSI ENGU-
YEHOVA pambi kwo-Davide ubawo, nango-
kuba ububandezelwa kuko konke wabeba-
ndezelwa ngako ubawo. 27 Waza u-Solo-
mone wamgxota u-Abiyatare, ukuba anga-
bi ngumperisite KUYEHOVA; kuze kuzalise-
kiswe ilizwi LIKAYEHOVA, abelitetile pezu
kwendhlu ka-Heli e-Shilo.

28 Zada zafika indaba ku-Jowabi; ngo-
kuba u-Jowabi ebepambukele emva kwo-
Adonija, nangona abengapambukelanga
emva kwo-Abasalome. Wandula u-Jowabi
wesabela ententeni KAYEHOVA, wabambele-
la ezimpondweni zesibingelo. 29 Kwaza
kwashunyayelwa kukumkani u-Solomone,
okokuba u-Jowabi wesabele ententeni KA-
YEHOVA, nokuba nankuya ngasesibinge-
lweni. Wandula u-Solomone watuma u-
Benaya unyana ka-Yoyada, esiti: Hamba,
uye umwele. 30 Wasuka u-Benaya weza
ententeni KAYEHOVA, wati kuye: Utsho
ukumkani ukuti: Puma. Wayesiti: Hai;
koko ndiya kufa kwa lapa. Wabuya u-
Benaya wazisa impendulo kukumkani,
esiti: Kungokunje watetayo u-Jowabi,
nangokunje wandipendula. 31 Wati uku-
mkani kuye: Yenza njengoko akutetileyo,
umwele, umncwabe; ukuze ususe igazi
elingenatyala, elo walipalazayo u-Jowabi,
kwa kumi, nakuyo indhlu kabawo. 32
Waye UYEHOVA eya kubuyisa igazi lake
pezu kweyake inkloko, owawela amadoda
amabini abemgqita ngobulungisa nangoku-
lunga, wawabulala ngerele, ubawo u-Da-
vide engazi nje; kwa u-Abenere unyana
ka-Nere, inkosi yomkosi wo-Sirayeli,
no-Hamasa unyana ka-Yetere, inkosi
yomkosi wo-Juda. 33 Kwa njalo igazi
labo liya kubuya pezu kwenkloko ka-Jo-
wabi, napezu kwenkloko yenzalo yake ku-
de kube ngunapakade; kodwa ku-Davide,
nakuyo inzalo yake, nakuyo indhlu yake,
nakuyo iterone yake, kwobako uxolo kude
kube ngunapakade luvela KUYEHOVA. 34
Wasuka wenyuka u-Benaya unyana ka-
Yoyada, wamwela, wamfisa; waza wancwa-
tywa endhlwini yake enklango. 35 Wandu-
la ukumkani wammisa u-Benaya unyana
ka-Yoyada esikundhleni sake pezu kwom-
kosi; no-Tsadoki umperisite, ukumkani
wammisa esikundhleni sika-Abiyatare.

36 Waza watuma ukumkani wambiza
u-Shimehi, wati kuye: Zakele indhlu e-
Yerusaleme, uhlale apo, uze ungapumi
kona ukuya nalapa napaya: 37 ngokuba
kuya kuti ngomhla wokupuma kwako, uxa
uya kuwela umlanjana we-Kidrone, woqi-
nisa ukwazi ukuba uya kufa ngennyaniso;
igazi lako loba pezu kweyako inkloko.
38 Wayesiti u-Shimehi kukumkani: Lilu-
ngile ilizwi elo; njengoko ikutetileyo
inkosi yami ukumkani, siya kwenje njalo
isicaka sako. Waza u-Shimehi wahlala e-
Yerusaleme imihla yamininzi.

39 Kwaye kute ekupeleni kweminyaka
mitatu, zaqwesha izicaka zibini zika-Shi-
mehi zaya ku-Akishe unyana ka-Mahaka,
ukumkani we-Gate. Kwaza kwaxelwa
ku-Shimehi, kusitwa: Naziya izicaka zako
e-Gate. 40 Wandula wesuka u-Shimehi,
wabopa iqwarashe lake, wahambela e-Gate
ku-Akishe ukufuna izicaka zake; wahamba
ke u-Shimehi, wabuyisa izicaka zake e-
Gate. 41 Kwada kwashunyayelwa ku-
Solomone, okokuba u-Shimehi ebemkile e-
Yerusaleme waya e-Gate, nokuba ebebu-
yile. 42 Waza watuma ukumkani wambiza
u-Shimehi, wati kuye: Andikufungisanga
UYEHOVA na, ndanqinisa kuwe, ndisiti:
Ngomhla wokupuma kwako, uxa uya ku-
hamba nalapa napaya, qinisa ukwazi ukuba
uya kufa ngennyaniso? waza wati kumi:
Lilungile ilizwi endilivileyo. 43 Kunga-
nina ngoko ukuba akugcinanga isifungo
SIKAYEHOVA, nomyalelo endikuyaleleyo
ngawo? 44 Walekela wati ukumkani ku-
Shimehi: Uyazi wena yonke inkohlakalo,



University of Fort Hare

leyo iyaziyo inkliziyo yako, obuyenza ku-
Davide ubawo; ngako UYEHOVA uya kubu-
yisa inkohlakalo yako pezu kweyako
inkloko; 45 kodwa ukumkani u-Solomone
uya kutanyusanqelwa, neterone ka-Davide
yona yoqiniswa pambi KWOYEHOVA kude
kube ngunapakade. 46 Waza ukumkani
wamyalela u-Benaya unyana ka-Yoyada,
owapuma ke, wamwela, wada wafa.

Kwa njalo ubukumkani bebuqiniswa esandhleni sake u-Solomone.

3 WAZA u-Solomone watshatiselana no-
Faro ukumkani we-Jipete, wayizeka
intombi ka-Faro, wayizisa esixekweni sika-
Davide, wada wagqiba ukwaka indhlu
yake, nendhlu KAYEHOVA, nodonga lwe-
Yerusaleme ngento engqongayo.
2 Kodwa abantu babingela ezindaweni
ezipakamileyo, ngokuba bekungeko indhlu
eyakelwa igama LIKAYEHOVA, kwada kwa-
yimihla leyo. 3 Waye u-Solomone emta-
nda UYEHOVA, ehamba emimisweni ka-
Davide uyise: kodwa wabinga waqumisa
ezindaweni ezipakamileyo.
4 Waza ukumkani waya e-Gibeyone u-
kubingela kona; ngokuba leyo ibiyindawo
epakamileyo enkulu: iwaka lamadini oku-
tshiswa walinikela u-Solomone pezu kwe-
sibingelo eso. 5 E-Gibeyone wabonakala
UYEHOVA ku-Solomone ngepupa ebusuku;
waza UTIXO wati: Cela into endiya kuyini-
ka kuwe. 6 Wayesiti u-Solomone: Use-
nzele isicaka sako u-Davide ubawo ububele
obukulu, njengokuba ebehamba pambi
kwako ngennyaniso, nangobulungisa, na-
ngolungelelwano lwenkliziyo kunye nawe;
kanjalo umgcinele obububele bukulu, bo-
kuba umnikile unyana ohleli pezu kwete-
rone yake, njengokuba *kunjalo* namhla nje.
7 Nakaloku, YEHOVA, TIXO wami! usenzile
isicaka sako ukumkani esikundhleni sika-
Davide ubawo; kanti mina ndingumntwa-
na omncinane, andikwazi ukupuma noku-
ngena. 8 Kanjako isicaka sako sipakati
kwabantu bako obanyulileyo, abantu aba-
kulu, abangenako ukulinganiswa nokuba-
lwa ngokuba baninzi. 9 Ngako sinike
isicaka sako inkliziyo eqondayo, ukuba
ndigwebe abantu bako, ukuba ndiqiqe
pakati kwokulungileyo nokukohlakeleyo;
ngokuba engubanina ongagwebayo aba
abantu bako 'bakulu?
10 Kekaloku elozwi belilungile eme-
hlweni KAYEHOVA, lokuba u-Solomone ebe-
celile lento. 11 Waza UTIXO wati kuye:
Ngennxa yokuba ucelile lento, ungazicele-
langa imihla emininzi, ungazicelelanga
nobutyebi, ungacelanga nobomi bentshaba
zako, koko uzicelele ingqiqo ukuba uqo-
nde ukugweba; 12 bona ke, udenzile nje-
ngamazwi ako; bona ke, ndikupile inklizi-
yo enobulumko nobuqiqo, ekungabangako
onjengawe pambili kuwe, nasemva kwako
akuyi kuvuka onjengawe. 13 Nakanjako
oko ubungakuceli ndikupile kuwe, kwa
ubutyebi nobungcwalisa; ekungayi kuba-
ko namnye pakati kwabo okumkani onje-
ngawe yonke imihla yako. 14 Nanxa uya
kuhamba ezindhleleni zami, ngokugcina
imimiso yami nemiyalelo yami, njengoku-
ba ebehamba u-Davide uyihlo wako, ndiya
kwandula ndolule imihla yako. 15 Waza
wavuka u-Solomone; kekaloku bona ke,
lipupa. Wasuka weza e-Yerusaleme, wema
pambi kwetyeya yocebano LUKAYEHOVA,
wanikela amadini okutshiswa, wenza imi-
nikelo yoxolo, wazenzela zonke izicaka
zake isidhlo.

16 OKUYA beza abafazi babini abanga-
madikazi kukumkani, bema ebusweni ba-
ke. 17 Wati ke omnye umfazi: Ke, nkosi
yami! mina nomfazi lo sihleli endhlwini
'nnye; ndaza ndazala ndinaye endhlwini.
18 Kwaye kute ngolwesitatu usuku emva
kwokuzala kwami, wandula wazala nalo-
mfazi; sabesindawonye tina, kungeko o-
wasemzini nati endhlwini, kupela siti
sobabini abebesendhlwini. 19 Waza u-
nyana walomfazi wafa ebusuku, ngokuba
ebelele pezu kwake. 20 Wesuka ke pakati
kwobusuku, watabata unyana wami enga-
kumi, nxa isicakakazi sako sibe silele ubu-
tongo, wamlalisa esifubeni sake, nonyana
wake ofileyo wamlalisa esifubeni sami.
21 Kekaloku ndakuvuka kusasa, ukuba
ndanyise unyana wami, nanku efile; ko-
dwa ndakumnakana kusasa, bona ke, ebe-
ngenguye unyana wami, lowo ndamzalayo.
22 Waza wati omnye umfazi: Hai; ohle-
liyo ngunyana wami, nofileyo ngunyana
wako. Wati nalowo: Hai; ofileyo ngu-
nyana wako, nohleliyo ngunyana wami.
Bateta njalo ke ebusweni bokumkani.
23 Wandula wati ukumkani: Omnye uti:
Lo ngunyana wami ohleliyo, nonyana
wako ngofileyo; kanjalo omnye uti:
Hai; ofileyo ngunyana wako, nohleliyo
ngunyana wami. 24 Walekela wati uku-



University of Fort Hare
Together in Excellence

mkani: Ndizekele irele. Baza bazisa irele
ebusweni bokumkani. 25 Wayesiti uku-
mkani: Nqumlani umntwana ohleliyo
kubini, ninike esinye isiqingata kwomnye,
nesinye isiqingata kwomnye. 26 Waza
wateta umfazi, abengowake umntwana o-
hleliyo, kukumkani, ngokuba umbilini
wake ubuvuta pezu kwonyana wake, wa-
yesiti: Ke, nkosi yami! mnikeni yena
umntwana ohleliyo, nize ningake nimbula-
le. Kodwa omnye wati: Makangabi ngo-
wami, *makangabi* ngowako kanjalo; nqu-
mlani. 27 Wandula wapendula ukumkani,
wati: Mnikeni lowo umntwana ohleliyo,
nize ningake nimbulale; nguye unina
wake.

28 Baye o-Sirayeli bonke beva umgwe-
bo abegwebile ngawo ukumkani; baza
bamoyika ukumkani: ngokuba bebebona
ukuba ubulumko BUKATIXO bukuye, ukwe-
nza ukugweba.

4 KWA njalo ukumkani u-Solomone ebe-
ngukumkani pezu kwo-Sirayeli bonke.
2 Aba ke bazinkosana abenazo: u-Hazari-
ya, unyana ka-Tsadoki, ebelinene; 3 u-
Elihorefe no-Ahiya, onyana baka-Shisha,
bebengababàli; u-Yehoshafate, unyana ka-
Ahilude, ebengumkumbuzi; 4 no-Benaya,
unyana ka-Yoyada, ebepezu kwomkosi;
u-Tsadoki no-Abiyatare bebengabaperisi-
te; 5 no-Hazariya, unyana ka-Natane,
ebepezu kwabo abongama; no-Zabude,
unyana ka-Natane, ebelinene, umhlobo
wokumkani; 6 no-Ahishare ebepezu
kwendlu; no-Adonirame, unyana ka-
Abeda, ebepezu kwabesitabataba.

7 Kanjalo u-Solomone ebenabongama
abalishumi linababini pezu kwe-Sirayeli
yonke, abafunzelayo ukumkani nabendhlu
yake; bebenennyanga 'nnye abanye nga-
banye emnyakeni 'mnye ukuba kufunze-
lwe. 8 Ngawo la amagama abo: unyana
ka-Hure, entabeni yakwa-Frayime: 9 u-
nyana ka-Dekere, e-Makatse, nase-Shaha-
labime, nase-Bete-shemeshe, nase-Eloni-
bete-hanane: 10 unyana ka-Hesede, e-
Arubote; ebene-Soko nalo lonke ilizwe
lase-Hefere: 11 unyana ka-Abinadabi, *kuzo*
zonke induli zase-Dore; u-Tafate, intombi
ka-Solomone, ebengumfazi wake: 12 u-
Bahana, unyana ka-Ahilude, *ebe*ne-Tahana-
ki ne-Megido, nayo yonke i-Bete-shane,
engase-Tsaretana ezantsi kwe-Yezerele,
*kutabata* e-Bete-shane kude kwase-Abele-
mehola, kude kwasele kwe-Yokemame:
13 unyana ka-Gebere, e-Ramote yase-Gile-
yadi; ebenemizi ka-Yahire unyana ka-Ma-
nase, ese-Gileyadi; ebenesahlulo se-Rago-
bi, esise-Bashane, izixeko ezikulu zinga-
mashumi matandatu, zinendonga nemivalo
yexina: 14 u-Ahinadabi, unyana ka-Hido,
*ebe*ne-Mahanayime: 15 u-Himahatse ebe-
kwa-Nefatali; kanjalo yena wazeka u-Ba-
semate, intombi ka-Solomone, abe ngum-
fazi: 16 u-Bahana, unyana ka-Hushai,
ebekwa-Ashere nase-Halote: 17 u-Yeho-
shafate, unyana ka-Paruha, ebekwa-Yisa-
kare: 18 u-Shimehi, unyana ka-Ela, ebe-
kwa-Benjamine: 19 u-Gebere, unyana ka-
Uri, ebeselizweni le-Gileyadi, ilizwe lika-
Sihone ukumkani waba-Amori, nelika-Hogi
ukumkani we-Bashane; yena ebekupela
kwomongama obekulo ilizwe elo.

20 O-Juda no-Sirayeli bebebaninzi, nje-
ngenklabati engaselwandhle ngobuninzi,
besidhla, besela, bevuya nokuvuya.

21 Wati u-Solomone wapata ubukosi
pezu kwabo bonke ubukumkani, kwa kuwo
umlambo kude kwasezweni lama-Filistiya,
nakude kwasemdeni we-Jipete: bayisa
iminikelo, bamkonza u-Solomone yonke
imihla yokudhla kwake ubomi.

22 Kekaloku ukutya kuka-Solomone,
okwemmini 'mnye, bekuzikore zomgubo o-
colekileyo ezingamashumi matatu, nekore
zomgubo ezingamashumi matandatu; 23
nenkabi ezityetyisiweyo ezilishumi, nenka-
bi zamadhlelo ezimashumi mabini, negu-
sha ezilikulu; ngapandhle kwamaxama,
namabadi, namaza, nenkuku ezityetyisiwe-
yo. 24 Ngokuba ebenobukosi pezu kwalo
lonke ilizwe elinganeno kwomlambo, kwa
kuyo i-Tipesahi kude kwase-Gaza, pezu
kwabo bonke okumkani nganeno kwomla-
mbo; waye enoxolo ngawo onke amacala
ake ngokuti ngqonga. 25 Bati o-Juda no-
Sirayeli bahlala ngokunqaba, abanye nga-
banye ngapantsi kwomti weveyine wabo
nangapantsi kwomkiwane wabo, kwa se-
Dane kude kwase-Beresheba, yonke imihla
ka-Solomone.

26 Kanjalo u-Solomone ebenezitale za-
mahashe ennqwelwana zake ezingamawaka
angamashumi mane, namahashe okukwe-
lwa angamawaka alishumi linesibini. 27
Kekaloku abongama abo babefunzela uku-
mkani u-Solomone, nabo bonke abasonde-
layo etafileni yokumkani u-Solomone, aba-
nye ngabanye ngennyanga yabo; abaswe-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lekisa 'nto: 28 neralasi nennca bazizisela
amahashe lawo namahashe azimbaleki ku-
londawo, apo baye beko kona, abanye nga-
banye njengesiko labo.
29 Kanjako UTIXO wampa u-Solomone
ubulumko, nengqondo enninzi kakulu, no-
bubanzi benkliziyo, njengenklabati eselu-
nxwemeni lwolwandhle. 30 Babubukulu
ubulumko buka-Solomone pezu kwobulu-
mko bawo onke amadoda asempumalanga,
napezu kwabo bonke ubulumko bama-Ji-
pete: 31 ewe ebelumkile pezu kwabantu
bonke; pezu kwo-Etane um-Ezera, no-He-
mani, no-Kalikoli, no-Dareda, onyana baka-
Mahole: lwati udumo lwake lwabako kuzo
zonke izizwe ezingqongayo. 32 Wayeteta
imizekeliso engamawaka matatu; nengoma
zake zibe ziliwaka elinanklanu. 33 Wa-
teta nangemiti, kwa kuyo isedare ese-Le-
banone kwada kwakuyo ihisope epumayo
eludongeni; wateta nangezilo, nangenta-
ka, nangezinambuzane, nangenklanzi. 34
Kwaza kwavela kubo bonke abantu ukuva
ubulumko buka-Solomone, kubo bonke o-
kumkani bomhlaba, ababevile ngobulumko
bake.

5 KEKALOKU u-Hirame, ukumkani we-
Tire, wasusa izicaka zake ukuya ku-So
lomone; ngokuba ebevile okokuba bamta-
mbisile yena abe ngukumkani esikundhle-
ni soyise: ngokuba u-Hirame ebemtandile
u-Davide ngamaxesha onke. 2 Wandula
watuma u-Solomone ku-Hirame ukuti:
3 Wena uyamazi u-Davide ubawo ukuba
ebekohliwe kukwaka indhlu egameni LI-
KAYEHOVA, UTIXO wake, ngennxa yemfazwe
ezibe zimngqonga, wada UYEHOVA wazibeka
ngapantsi kwemizantsi yennyawo zake.
4 Kodwa ngoku UYEHOVA, UTIXO wami,
undipumzile ngamacala onke, kungeko
umalane, kungeko nebaqo elibi. 5 Keka-
loku bona ke, ndiyacinga ukwaka indhlu
egameni LIKAYEHOVA, UTIXO wami, njengo-
kuba ebeteta UYEHOVA ku-Davide ubawo,
esiti: Unyana wako, lowo endiya kummisa
esikundhleni sako pezu kweterone yako,
nguye oya kwaka indhlu egameni lami.
6 Ngako kaloku xela ukuba kundigaulelwe
imiti yesedare e-Lebanone; zaye izicaka
zami ziya kuba nezako, nomvuzo wezicaka
zako ndowunika kuwe, njengako konke
uya kukutsho: ngokuba usazi wena ukuba
akuko pakati kwetu namnye okwaziyo
ukugaula imiti njengama-Tsidone.

7 Kwabekute, akuva u-Hirame amazwi
ka-Solomone, wandula wavuya kakulu,
wati: Makabongwe UYEHOVA namhla nje,
onike ku-Davide unyana olumkileyo pezu
kwababantu 'bakulu. 8 Waza watuma u-
Hirame ku-Solomone ukuti: Ndivile oko
utumile kumi ngako; ndiya kuyenza yo-
nke intando yako ngemiti yesedare, na-
ngemiti yeberoshe: 9 izicaka zami ziya
kuhla nayo e-Lebanone *ziyise* elwandhle;
ndandiya kuyisa ngemitantatu pezu kwo-
lwandhle kulondawo uya kunditumela
*ilizwi* ngayo, ndize ndiyicite kona, wandule
wena uyisuse: kanjako wena uya kufeza
intando yami, ngokunika abendhlu yami
ukudhla.
10 Kwa njalo ke u-Hirame wanika u-
Solomone imiti yesedare nemiti yeberoshe,
*njengayo* yonke intando yake. 11 Waza
u-Solomone wanika u-Hirame ikore ezinga-
mawaka angamashumi mabini zenngqolowa,
ibe kukudhla kwabendhlu yake, nekore
ezimashumi mabini zeoli enqushelweyo:
wenje njalo u-Solomone ukunika u-Hirame
ngomnyaka ngomnyaka. 12 Kekaloku U-
YEHOVA wampa u-Solomone ubulumko, nje-
ngokuba ebetetile kuye: kwaye kuko u-
xolo pakati kwo-Hirame no-Solomone,
balwenza ucebano bobabini.
13 Waye ukumkani u-Solomone wenyu-
sa isitabataba kubo bonke o-Sirayeli; isi-
tabataba eso besingamawaka angamashumi
matatu amadoda. 14 Waza wawatuma e-
Lebanone, amawaka alishumi ngennyanga
ngennyanga ngokuguqulelana: innyanga
innye ebese-Lebanone, innyanga zimbini
ebesekaya: waye u-Adonirame epezu kwe-
sitabataba eso. 15 Kanjako u-Solomone
wabenamawaka angamashumi asixenxe a-
betwala imitwalo, namawaka angamashumi
asibozo ababazi ezintabeni; 16 ngapandhle
kwenkosi zabongama baka-Solomone aba-
bepezu kwomsebenzi, amawaka matatu
anamakulu matatu, ezibe zinobukosi pezu
kwabantu abawenza umsebenzi. 17 Wa-
xela ukumkani, baza banqikela amatye
amakulu, amatye anqabileyo, kuze kuse-
kwe indhlu leyo ngamatye aqandulweyo.
18 Bati abaki baka-Solomone nabaki baka-
Hirame bawaqandula, kwa nama-Gebali:
kwa njalo ke balungisa imiti namatye
ukuba kwakiwe indhlu leyo.

6 KWAZA kwati, ngowamakulu mane
anamashumi asibozo unnyaka emva



University of Fort Hare

kwokupuma kwosapo luka-Sirayeli elizwe-
ni le-Jipete, ngomnyaka wesine wobuku-
mkani buka-Solomone pezu kwo-Sirayeli,
ngennyanga yo-Zive, eyiyo innyanga yesi-
bini, waqala ukwaka indhlu KAYEHOVA.
2 Nalondhlu ukumkani u-Solomone wa-
yakela UYEHOVA, bebuzikubite ezingama-
shumi matandatu ubude bayo, *nekubite* ezi-
ngamashumi mabini ububanzi bayo, neku-
bite ezingamashumi matatu ubupakamo
bayo. 3 Nentendelezo ngapambi kwete-
mpile yendhlu, bebuzikubite ezingamashu-
mi mabini ubude bayo ngapambi kwobu-
banzi bendhlu; bebuzikubite ezilishumi
ububanzi bayo ngapambi kwendhlu. 4
Wayenzela indhlu ifenstile ezivaliweyo
ngamanqwanqwa. 5 Wayesaka ngaselu-
dongeni lwendhlu inkambili ngokuti ngqo-
nga, ngasezindongeni zendhlu ngokuti
ngqonga, ezetempile nezendawo yokupe-
ndula: wazenza inkambili zasecaleni ngen-
to engqongayo: 6 inkambili yasezantsi
ibizikubite ezinklanu ububanzi bayo, ne-
yapakati ibizikubite ezintandatu ububanzi
bayo, neyesitatu ibizikubite ezisixenxe
ububanzi bayo; ngokuba ebeyenzele in-
dhlu izifinyelo ngento engqongayo nga-
pandhle, ukuze zingabambeki ezindongeni
zendhlu. 7 Kekaloku indhlu le, ekwaki-
weni kwayo, yakiwa ngamatye asel' elu-
ngisiwe engekasiwa; ukuba bekungava-
kali izando, nezembe, nennye impahla
yesincete kulondhlu, ekwakiweni kwayo.
8 Ucango lweyapakati inkambili yaseca-
leni belungelokunene icala lendhlu; kwa-
za kwenyukwa ngezinyukelo ezijikelelayo
ukuya kweyapakati, *nokunyuka* kweyapa-
kati ukuya kweyesitatu. 9 Kwa njalo
wayaka indhlu, wayigqiba; waza wayifu-
lela indhlu ngemiqadi nangeplanke zemiti
yesedare. 10 Wayesaka inkambili ngaku-
yo yonke indhlu, buzikubite ezinklanu
ubupakamo bazo: zabambelela endhlwini
ngemiti yesedare.
11 Landula leza ilizwi LIKAYEHOVA ku-
Solomone, lisiti: 12 Indhlu le, oyakayo
wena, ukuba uya kuhamba ngemimiselo
yami, uzenze izigwebo zami, uyigcine yo-
nke imiyalelo yami ngokuhamba ngayo,
ndiya kwandula ndiliqinise ilizwi lami
nawe, endandiliteta ku-Davide uyihlo wa-
ko: 13 ndandiya kuhlala pakati kwosapo
luka-Sirayeli; ewe andiyi kushiya abantu
bami o-Sirayeli. 14 Kwa njalo u-Solomo-
ne wayaka indhlu leyo, wayigqiba.

15 Wayesaka indonga zendhlu pakati
ngeplanke zemiti yesedare; kwa kuwo
umzantsi wendhlu kude kwakuzo indonga
zesifulelwa, waleka ngemiti pakati;
nomzantsi wendhlu wawaleka ngeplanke
zemiti yeberoshe. 16 Wayesaka ikubite
ezimashumi mabini ecaleni lasemva len-
dhlu ngeplanke zemiti yesedare, kwa
kuwo umzantsi kude kwakuzo indonga:
wazakela yona pakati, zibe yindawo yoku-
pendula, eyingcwele yezingcwele. 17 Ibi-
zikubite ezimashumi mane indhlu leyo,
kwa itempile engapambili. 18 Nesedare
pezu kwendhlu pakati yona ibilisetyenzwa
eliqingqiweyo lekomkomerera nentyatya-
mbo ezibenqekileyo; konke bekuyisedare,
kungeko nalitye elibonakalayo. 19 Nen-
dawo yokupendula wayilungisa endhlwi-
ni pakati, ukuba kubekwe kona ityeya
yocebano LUKAYEHOVA. 20 Kanjako inda-
wo yokupendula ngapambili ibizikubite
ezimashumi mabini ubude *bayo*, nekubite
ezimashumi mabini ububanzi *bayo*, neku-
bite ezimashumi mabini ubupakamo bayo;
wayaleka ngegolide enqabileyo; wasaleka
nesibingelo ngesedare. 21 Kwa njalo u-
Solomone wayaleka indhlu leyo pakati
ngegolide enqabileyo: wayedhlulisa *isi-
kuselo* ngemixokolelwane yegolide pambi
kwendawo yokupendula, wasaleka ngego-
lide. 22 Nayo yonke indhlu wayaleka
ngegolide, ide yagqitywa yonke indhlu;
nesibingelo sipela, esibe sipambi kwenda-
wo yokupendula, wasaleka ngegolide.
23 Napakati kwendawo yokupendula
wazenza ikerubime zambini ngemiti yeoli:
zibe zizikubite zilishumi ubupakamo ben-
nye. 24 Lazikubite zinklanu elinye ipiko
lekerubime, nekubite zinklanu elinye ipi-
ko lekerubime: kwa sennceameni yelinye
ipiko layo, kude kwasennceameni yelinye
ipiko layo, ikubite zazilishumi. 25 Yabi-
zikubite ezilishumi nekerubime yesibini:
zaye zinomlinganiswa 'mnye nesimilo si-
nye ikerubime ezo zombini. 26 Ubupa-
kamo bennye ikerubime bebuzikubite ezi-
lishumi; ibinjalo nekerubime yesibini.
27 Wayebeka ikerubime ezo endhlwini
yapakati: kwaye kutwabululwa amapiko
ekerubime, ukuba ipiko lennye lafikela
*olunye* udonga, nepiko lennye ikerubime
lafikela olunye udonga; kanjako amapiko
azo afikelana pakati kwendhlu. 28 Ezo-
kerubime wazaleka ngegolide.
29 Nazo zonke indonga zendhlu ngento



University of Fort Hare
Together in Excellence

engqongayo waziqingqela izibàlo eziqi-
ngqiweyo zekerubime, nemiti yepalime,
nentyatyambo ezibenqekileyo, pakati na-
ngapandhle. 30 Nomzantsi wendhlu wa-
waleka ngegolide, pakati nangapandhle.
31 Nocango lwendawo yokupendula wa-
lwenzela amapepa ngemiti yeoli: umqolo
*n*emigubasi ibisisiqingata sesihlanu *sodo-
nga*. 32 Amapepa lawo omabini ebenge-
miti yeoli; napezu kwawo waqingqa iziqi-
ngqwa zekerubime, nemiti yepalime, nen-
tyatyambo ezibenqekileyo, wazaleka nge-
golide; wafaka igolide pezu kwekeru-
bime napezu kwemiti yepalime kanjako.
33 Nangokunjalo walwenzela ucango lwe-
tempile imigubasi ngemiti yeoli, isisiqi-
ngata sesine *sodonga*. 34 Namapepa oma-
bini wona ebengawemiti yeberoshe: ama-
pepa omabini olunye ucango ebengajinga-
yo, namapepa omabini olunye ucango
ebengajingayo. 35 Wayeqingqa *pezu kwa-
wo* ikerubime, nemiti yepalime, nentya-
tyambo ezibenqekileyo, wazaleka ngego-
lide ilungisiwe pezu kwokuqingqiweyo.
36 Waza waka ibala lapakati, linenrozo
zintatu zamatye aqandulweyo, norozo lu-
nye lwemiqadi yesedare.
37 Ngomnyaka wesine ibisekwa indhlu
KAYEHOVA, ngennyanga yo-Zive; 38 na-
ngomnyaka weshumi linesinye, ngennya-
nga yo-Bule, eyinnyanga yesibozo, ibigqi-
tywa leyondhlu, ngazo zonke indawo zayo,
nangaso sonke isimilo sayo. Kwa njalo
ebeyaka iminyaka yasixenxe.

7 KODWA indhlu yake u-Solomone wa-
beyaka iminyaka yalishumi linesitatu;
wada wayigqiba yonke indhlu yake.
2 Wayaka indhlu yehlati le-Lebanone,
ilikulu lekubite ubude bayo, namashumi
mahlanu ekubite ububanzi bayo, namashu-
mi matatu ekubite ubupakamo bayo, pezu
kwenrozo ezinne zentsika zesedare, nemi-
qadi yesedare pezu kwazo intsika. 3 Ya-
bifulelwa ngesedare pezulu pezu kwepla-
nke, ezibe zipezu kwentsika ezimashumi
mane anesihlanu, zilishumi linesihlanu
ngorozo. 4 Kwaye kuko izituba, inrozo
ezintatu, ifenstile ingapezu kwefenstile
amaxesha matatu. 5 Zonke ingcango ne-
migubasi zibe zinamacala mane, *kwa* nezi-
tuba; kanjalo ifentsile ibimalungana nefe-
nstile amaxesha matatu. 6 Wayesenza
intendelezo ngentsika, izikubite ezimashu-
mi mahlanu ubude bayo, nekubite ezima-
shumi matatu ububanzi bayo; nentendele-
zo pambi kwazo; nentsika nendawo ye-
planke pambi kwazo. 7 Waza wenzela
iterone intendelezo, apo wagwebayo kona,
intendelezo yokugweba; ibe yalekiwe
ngesedare, kwa kuwo umzantsi *emhlabeni*
kude kwakuwo umzantsi *pezulu*. 8 Nen-
dhlu yake, apo wahlala kona kwelinye
ibala ngapakati kuyo intendelezo, ibinje-
ngesetyenzwa elinjalo. Kanjako waye-
nzela indhlu intombi ka-Faro, leyo abeyi-
zekile u-Solomone, njengayo intendelezo
leyo.
9 Zonke ezi zibe zingamatye anqabileyo,
njengemilinganiswa yamatye aqandulwe-
yo, esikiwe ngesara, pakati nangapandhle,
kwa kulo isekwa kude kwakulo ulundi,
nangapandhle ngasebaleni elikulu. 10
Kwaye kusekwa ngamatye anqabileyo,
amatye amakulu, amatye ekubite zilishu-
mi, namatye ekubite zisibozo. 11 Nape-
zulu bekuko amatye anqabileyo, njengemi-
linganiswa yamatye aqandulweyo, neseda-
re. 12 Kanjalo ibala elikulu ngento engqo-
ngayo libe linenrozo zintatu zamatye aqa-
ndulweyo, norozo lunye lwemiqadi yese-
dare; njengakwelapakati ibala lendhlu
KAYEHOVA, nakuyo intendelezo yendhlu.

13 WAZA watuma ukumkani u-Solomo-
ne, wamtabata u-Hirame e-Tire. 14 Ebe-
ngunyana womhlolokazi yena, kwisizwe
sika-Nefatali, oyise ebeyindoda yase-Tire,
inncibi yexina; wabezele bubulumko, nen-
gqondo, nokwazi, ukwenza yonke imise-
benzi ngexina.
Wayesiza kukumkani u-Solomone, wa-
wenza wonke umsebenzi wake. 15 Ngo-
kuba wadala intsika zambini ngexina, bu-
zikubite ezilishumi linesibozo ubupakamo
bennye intsika; kanjalo usinga lwekubite
ezilishumi linambini belungqonga ennye
intsika. 16 Wenza nenkloko zambini nge-
xina etyityishiweyo, zokubeka ezinncame-
ni zentsika; ubupakamo bennye inkloko
bebuzikubite ezinklanu, nobupakamo ben-
nye inkloko bebuzikubite ezinklanu. 17
Kwaye kuko iminata yesetyenzwa elipa-
njanisiweyo, nezitsaba zesetyenzwa lemi-
xokelelwane, kuzo inkloko ezibe zise-
zinncameni zentsika; isixenxo kwennye
inkloko, nesixenxo kwennye inkloko.
18 Wayesenza intsika ezo, nenrozo zambi-
ni ngento engqongayo pezu kwomnata
umnye, kuze kugujungelwe inkloko ezibe



University of Fort Hare
Together in Excellence

zisenncameni, ngegranate; wenje njalo
nakwennye inkloko. 19 Kekaloku inklo-
ko, ezibe zisenncameni yentsika, zazinge-
setyenzwa eliyinnyibibara entendelezweni,
ikubite zanne. 20 Kanjalo inkloko pezu
kwentsika ezo zombini *zibe zinegranate*
nangapezulu, malungana nendawo epumayo
ebingakuwo umnata: kwaye kuko negra-
nate ezimakulu mabini ngenrozo ngokuti
ngqonga pezu kwennye inkloko. 21 Waza
wazimisa intsika ezo entendelezweni yete-
mpile: wayimisa intsika yasekunene, wa-
yibiza ngegama elingu-Yakine; wayimisa
intsika yasekohlo, wayibiza ngegama eli-
ngu-Bohazi. 22 Napezu kwenncame yen-
tsika bekuko isetyenzwa eliyinnyibibara:
kwa njalo kwafezwa umsebenzi wentsika.

23 Walwenza nolwandhle olutyityishi-
weyo; lwaluzikubite ezilishumi kwa kuwo
omnye umpeto kwada kwakuwo omnye
umpeto, luyinnqukuva ngokuti ngqonga,
luzikubite ezinklanu ubupakamo balo;
lwalujikelezwa ngentambo yekubite ezima-
shumi matatu ngento engqongayo. 24 Na-
ngapantsi kwompeto walo ngokuti ngqonga
bekuko ikomkomerera zilungqonga, zili-
shumi ekubiteni 'nnye, zilujikelezela u-
lwandhle ngokuti ngqonga: zatyityishwa
ikomkomerera ezo ngenrozo zambini, lwa-
kutyityishwa lona. 25 Lwema pezu kwen-
kabi ezilishumi linambini, ezintatu zibe-
ka ngasenode, nezintatu zibeka ngasentsho-
nalanga, nezintatu zibeka ngasesuyide,
nezintatu zibeka ngasempumalanga; lwa-
lupezulu ulwandhle pezu kwazo, yonke
imiva yazo ingapakati. 26 Isibili salo
besibububanzi besandhla, nompeto walo
ubunjengesetyenzwa lompeto wendebe,
*njenge*ntyatyambo zennyibiba: lwabamba
ibate ezingamawaka mabini.

27 Wenza nezikondo ezilishumi ngexi-
na; zazikubite ezinne ubude besikondo
sinye, nekubite ezinne ububanzi baso, ne-
kubite ezintatu ubupakamo baso. 28 Lilo
eli isetyenzwa lazo izikondo: zibe zi-
nendini, kanjalo indini *ezo* zibe zipakati
kwembombo: 29 napezu kwendini, ezibe
zipakati kwembombo, bekuko ingonyama,
nenkabi, nekerubime; napezu kwembombo
bekuko isikondo ngapezulu; nangapantsi
kwazo ingonyama nenkabi bekuko izinto
ezibandakanyiweyo zesetyenzwa elikande-
lweyo. 30 Kwaye kuko ivili zexina za-
zinne kwisikondo sinye, namaceba exina;
amagumbi aso omane ebenamagxalaba;
ngapantsi kwaso isihlambelo ebeko ama-
gxalaba atyityishiweyo, ngecala lezinto
ezibandakanyiweyo ezinnye ngezinnye.
31 Umlomo waso pakati kwenkloko nanga-
pezulu ubuyikubite 'nnye: kanjalo umlo-
mo waso ubuquvile *njenge*setyenzwa lesi-
kondo, ikubite nesiqingata sekubite; naka-
njako pezu kwomlomo waso bekuko iziqi-
ngqwa; kodwa indini zazo bezinamacala
mane, zingezeziquvileyo. 32 Kekaloku i-
vili zonne zibe zingapantsi kwendini,
nease zevili zona zibe zikuso isikondo;
nobupakamo bayo ivili ibiyikubite nesiqi-
ngata sekubite. 33 Nesetyenzwa lazo ivili
libe linjengesetyenzwa levili yennqwelo:
iase zazo, nenafe zazo, nefelenge zazo, ne-
speke zazo, zonke zatyityishwa. 34 Kwaye
kuko amagxalaba mane kuwo amagumbi
mane esikondo sinye: amagxalaba aso ebe-
*puma* kwa kuso isikondo. 35 Napezu
kwengcopo yesikondo bekuko into equvi-
leyo ngokuti ngqonga, isiqingata sekubite
ubupakamo bayo; napezu kwengcopo ye-
sikondo izipumelo zaso nendini zaso zibe
zi*puma* kwa kuso. 36 Wayeziqingqa pezu
kwamacwecwe ezipumelo zaso napezu
kwendini zaso ikerubime, nengonyama,
nemiti yepalime, njengendawo yezinnye
ngezinnye, nezinto ezibandakanyiweyo
ngokuti ngqonga. 37 Njengokunje waze-
nza izikondo zolishumi: bekuko ukutyi-
tyishwa kunye, umlinganiswa umnye,
isimilo sinye, kuzo zonke.

38 Wazenza nezihlambelo ezilishumi
ngexina; isihlambelo sinye sabamba ibate
zamashumi mane; isihlambelo sinye sibe
sizikubite zinne; pezu kwazo izikondo zo-
lishumi ezinye ngezinye bekuko isihla-
mbelo sinye. 39 Waza wazibeka izikondo
ezihlanu ngelokunene icala lendhlu, nezi-
hlanu ngelokohlo icala lendhlu; nolwa-
ndhle walubeka ngelokunene icala len-
dhlu, ngasempumalanga, malungana ne-
suyide.

40 Kanjalo u-Hirame wazenza imbiza,
nezikotululo, nezitya zokufefela.

Wada u-Hirame wagqiba ukuwenza wo-
nke umsebenzi, owawenzela ukumkani u-
Solomone ngennxa yendhlu KAYEHOVA:
41 intsika zimbini, nezikanda zenkloko
ezibe zisenncameni yentsika zombini; ne-
minata mibini yokugubungela izikanda zo-
zibini zenkloko ezibe zisenncameni yazo
intsika; 42 negranate ezingamakulu mane
zeminata yomibini, inrozo zimbini zegra-



University of Fort Hare

nate kuwo umnata 'mnye, kuze kuguju-
ngelwe izikanda zozibini zenkloko ezibe
zisenncameni yazo intsika ; 43 kwa nezi-
kondo zilishumi, nezihlambelo zilishumi
pezu kwazo ; 44 nolwandhle lunye, nenka-
bi ezilishumi linambini ngapantsi kwo-
lwandhle olo ; 45 nembiza, nezikotululo,
nezitya zokufefela : nazo zonke ezimpahla,
owati u-Hirame wazenzela ukumkani u-
Solomone ngennxa yendhlu KAYEHOVA, *wa-
zenza* ngexina egudisiweyo. 46 Etafeni
lase-Yoredane wazityityisha ukumkani,
emhlabeni oludongwe pakati kwe-Sukote
ne-Tsaretane. 47 Zonke ezimpahla wazi-
yeka u-Solomone *zingalinganiswa*, ngennxa
yobuninzi obukulu kakulu *bazo ;* bekunge-
nakupengululwa ukuba nzima kwexina.

48 Wayezenza u-Solomone zonke impahla
ezizezendhlu KAYEHOVA : isibingelo segoli-
de ; netafile, ekube kupezu kwayo izonka
zokubonakala, ngegolide ; 49 nekandelare,
isihlanu ngasekunene nesihlanu ngaseko-
hlo, pambi kwendawo yokupendula, nge-
golide enqabileyo ; nentyatyambo, neziba-
ne, nezitabatelo, ngegolide ; 50 nezikotile,
nezicimo, nezitya zokufefela, negxebeka,
neziqumelo, ngegolide enqabileyo ; nehinje
zengcango zeyapakati indhlu, zeyingcwele
yezingcwele *indawo*, nezengcango zendhlu,
zetempile, ngegolide.

51 Kwada kwafezwa wonke umsebenzi,
owati ukumkani u-Solomone wawenzela
indhlu KAYEHOVA. Waza u-Solomone wa-
zingenisa izinto ezingcwele zika-Davide
uyise, isilivere, negolide, nempahla, wazi-
beka pakati kwendyebo zendhlu KAYE-
HOVA.

8 WANDULA u-Solomone wabahlanga-
nisa abadala bo-Sirayeli, nabo bonke
abazinkloko zezizwe, inkosi *zendhlu* zoyise
zosapo luka-Sirayeli, ukuza kukumkani u-
Solomone e-Yerusaleme, ukuba bayinyuse
ityeya yocebano LUKAYEHOVA esixekweni
sika-Davide, esiyiyo i-Ziyone.

2 Aza onke amadoda akwa-Sirayeli ahla-
nganiselwa kukumkani u-Solomone, ngen-
nyanga yo-Etanime, emtendelekweni ; yo-
na yinnyanga yesixenxe. 3 Beza ke bonke
abadala bo-Sirayeli ; bati abaperisite bayi-
funqula ityeya. 4 Baza benyusa ityeya
KAYEHOVA, nentente yenklangano, nazo
zonke impahla ezingcwele ezibe zikuyo
intente leyo ; ezi*zinto* bazinyusa abaperisite
baka-Levi. 5 Kanjalo ukumkani u-Solo-
mone, nayo yonke inklanganiso yo-Siraye-
li abebehlanganisene ngakuye, *abebenaye*
pambi kwetyeya, bebebinga igusha nen-
kabi, ezazingenakubalwa nokulinganiswa
ngokuba zininzi. 6 Baza abaperisite ba-
yingenisa ityeya yocebano LUKAYEHOVA
endaweni yayo, endaweni yokupendula
yendhlu, kweyingcwele yezingcwele, nga-
pantsi kwamapiko ekerubime. 7 Ngokuba
ikerubime zatwabulula amapiko omabini
ngapezu kwendawo yetyeya ; kanjalo ike-
rubime zagubungela ityeya nezibonda zayo
pezulu. 8 Kwandula kwarolwa izibonda,
ukuba zabonakala inncame zezibonda kwe-
yingcwele *indawo* pambi kwendawo yoku-
pendula, kanti bezingabonakali ngapa-
ndhle ; ziko nakona kude kube namhla
nje. 9 Bekungeko 'nto etyeyeni, kupela
ngamacwecwe amatye omabini, abe ebekwa
kona ngu-Mosesi e-Horebe, okuya UYEHOVA
walwenza *ucebano* nosapo luka-Sirayeli,
ekupumeni kwalo elizweni le-Jipete.

10 Kwaza kwati, bakupuma abaperisite
kweyingcwele *indawo*, landula ilifu layiza-
lisa indhlu KAYEHOVA ; 11 bada bakohlwa
abaperisite kukuma ukukonza ngennxa ye-
lifu elo ; ngokuba ubungcwalisa BUKAYE-
HOVA bebuzalisile indhlu KAYEHOVA.

12 Waza wati u-Solomone : UYEHOVA
ute uya kuhlala esitokotokweni. 13 Se-
ndikwakele ngennyaniso indhlu yokuhlala,
indawo yokuhlala kwako kude kube ngu-
napakade.

14 Wandula ukumkani waguqula ubuso
bake, watamsanqelisa yonke inklanganiso
yo-Sirayeli ; (yati yonke inklanganiso yo-
Sirayeli yema ;) 15 wayesiti : Makabongwe
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, owateta ngom-
lomo wake ku-Davide ubawo, waza wa-
zalisekisa ngesandhla sake, esiti : 16 Ku-
selokwalomhla endapumisayo abantu bami
o-Sirayeli e-Jipete, andinyulanga nasinye
isixeko kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli, uku-
ba kwakiwe indhlu, lize igama lami libe
kona ; koko ndimnyulile u-Davide ukuba
abe pezu kwabantu bami o-Sirayeli. 17
Kwaye kusenkliziyweni ka-Davide ubawo,
ukwakela igama LIKAYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, indhlu. 18 Kodwa UYEHOVA wati
ku-Davide ubawo : Okokuba bekusenklizi-
yweni yako ukwakela igama lami indhlu,
ulungisile ukuba bekusenkliziyweni yako.
19 Noko indhlu leyo akuyi kuyaka wena ;
kodwa unyana wako oya kupuma esinqeni
sako, nguye oya kwakela igama lami



University of Fort Hare
Together in Excellence

indhlu leyo. 20 Kwa njalo UYEHOVA uqi-
nisile ilizwi lake abelitetile; ngokuba ndi-
vukile esikundhleni sika-Davide ubawo,
ndihleli nje pezu kweterone yakwa-Sira-
yeli, njengokuba etetile UYEHOVA; nda-
ndakele igama LIKAYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli, indhlu. 21 Kanjalo ndimisele kona
indawo yetyeya, apo lukona ucebano LUKA-
YEHOVA, olo walwenzayo nobawo betu, uxa
wabapumisayo elizweni le-Jipete.
22 Waza u-Solomone wema pambi kwe-
sibingelo SIKAYEHOVA, ebusweni bayo yonke
inklanganiso yo-Sirayeli, wazolula izandhla
zake ngasezulwini, 23 wati:
YEHOVA, TIXO wo-Sirayeli! akuko 'TIXO
njengawe, ezulwini pezulu, napezu kwom-
hlaba ezantsi, ogcinela izicaka zako, ezi-
hambayo pambi kwako ngayo yonke inkli-
ziyo yazo, ucebano nobubele: 24 ogcinele
isicaka sako u-Davide, ubawo wami, oko
wakuteta kuye: ngokuba utetile ngomlo-
mo wako, nangesandhla sako uzalisekisile,
njengokuba *kunjalo* namhla nje. 25 Ngako
kaloku, YEHOVA, TIXO wo-Sirayeli! gcinela
isicaka sako u-Davide, ubawo wami, oko
ukutetileyo kuye, usiti: Akuyi kukunqa-
mkela indoda ebusweni bami, ihleli pezu
kweterone yakwa-Sirayeli; kupela ukuba
onyana bako baya kulumkela indhlela ya-
bo, bahambe pambi kwami, njengokuba
wena uhambile pambi kwami. 26 Naka-
loku, TIXO wo-Sirayeli! malinyaniswe ke
ilizwi lako, elo ulitetileyo kwisicaka sako
u-Davide, ubawo wami.
27 Kodwa UTIXO uya kuhlala ngennya-
niso na emhlabeni? bona ke, izulu, nezulu
lamazulu, alingekubambe; kancinane ka-
ngakananina ngakumbi ke lendhlu endi-
yakileyo? 28 Uze ubeke noko kuwo um-
tandazo wesicaka sako, nakuso isitaruziso
saso, YEHOVA, TIXO wami! upulapule isi-
kalo nomtandazo sitandaza ngawo isicaka
sako ebusweni bako namhla: 29 ukuba
amehlo ako abe evulekile pezu kwalendhlu
emini nasebusuku, pezu kwendawo ute
ngayo: Lobako igama lami kona: ukuba
upulapule umtandazo siya kutandaza nga-
wo isicaka sako kulendawo. 30 Uze upu-
lapule isitaruziso sesicaka sako, nesabantu
bako o-Sirayeli, oko baya kutandaza kule-
ndawo; uve wena endaweni yokuhlala
kwako, ezulwini, uti wakuva uxolele.
31 Okuya kwonayo umntu ngakuye
ummelwane wake, aze abeke pezu kwake
isifungo sokumfungisa, siti isifungo size
pambi kwesibingelo sako kulendhlu; 32
wandule wena uve ezulwini, wenze, ulu-
ngise izicaka zako, umgwebe okohlakeleyo,
ngokunika indhlela yake pezu kwenkloko
yake, umgwebele olungileyo, ngokumnika
njengobulungisa bake.
33 Xeshekweni abantu bako o-Sirayeli
babetwa pambi kwotshaba, ngokuba bonile
ngakuwe; baze babuyele kuwe, badumise
igama lako, batandaze, bakutaruzise kule-
ndhlu; 34 wandule wena uve ezulwini,
uxolele isono sabantu bako o-Sirayeli, uba-
buyisele emhlabeni owabuwunika koyise
babo.
35 Xeshekweni livingcekile izulu, ku-
ngeko imvula, ngokuba bonile ngakuwe;
ukuba bayatandaza kulendawo, badumise
igama lako, baguquke esonweni sabo, oko
ubabandezelayo; 36 wandule wena uve
ezulwini, uxolele isono sezicaka zako, ne-
sabantu bako o-Sirayeli, oko ubafundisayo
indhlela yako elungileyo abaya kuhamba
ngayo; uze unise imvula pezu kwelizwe
lako, elo ulinikileyo ebantwini bako libe
lilifa.
37 Nxa kubako indhlala elizweni, nxa
kubako isifo esibubisayo, nxa kubako
imbabala, isihumba, inkumbi, uruxeshe;
nxa intshaba zabo zibavingcela elizweni
lezixeko zabo; *nxa kubako* isibulawa esi-
njanina, nesifo esinjanina; 38 konke uku-
tandaza, konke ukutaruzisa, okuya kwe-
nziwa ngumntu otile, *umhlaumbi* ngabo
bonke abantu bako o-Sirayeli, oko baya
kwazi abanye ngabanye isibulawa sezabo
inkliziyo, bazolule izandhla zabo kule-
ndhlu; 39 wandule wena uve ezulwini,
uxolele, wenze, ubanike abanye ngabanye
njengazo zonke indhlela zabo, abankliziyo
uzaziyo; (ngokuba nguwe wedwa ozaziyo
inkliziyo zabo bonke onyana babantu;)
40 ukuze bakwoyike yonke imihla abaya
kubudhla ubomi ngayo pezu kwobuso bom-
hlaba, owabuwunika kobawo betu.
41 Nakanjako ngaye owolunye uhlanga,
ongenguye owabantu bako o-Sirayeli, ko-
dwa uvele elizweni elikude ngenxa ye-
gama lako; 42 (ngokuba beya kuva igama
lako elikulu, nesandhla sako esomeleleyo,
nengalo yako eyolulweyo;) nxa aya kuza,
atandaze kulendhlu; 43 yiva wena ezu-
lwini, endaweni yokuhlala kwako, wenze
ngako konke aya kubiza kuwe ngako owo-
lunye uhlanga lowo; ukuze bonke abantu
bomhlaba balazi igama lako, boyike wena,



University of Fort Hare

njengabantu bako o-Sirayeli ; bazi kanjalo
ukuba igama lako libiziwe pezu kwendhlu
le endiyakileyo.
44 Nxa abantu bako bapumayo ukuya
kulwa ngakuzo intshaba zabo, ngendhlela
uya kubatuma ngayo, baze batandaze KU-
YEHOVA, ngakuso esisixeko usinyulileyo,
na*ngakuyo* lendhlu endiyakileyo ngennxa
yegama lako; 45 wandule uve ezulwini
ukutandaza kwabo nokutaruzisa kwabo,
ulenze ibango labo.
46 Nxa bonayo ngakuwe, (ngokuba ku-
ngeko umntu ongoniyo,) uti wena ubaqu-
mbele, ubanikele ebusweni botshaba, bade
abatimbi babo babatimbele elizweni lo-
tshaba, elikude umhlaumbi elikufupi ;
47 ukuba bayakumbuza inkliziyo zabo
elizweni apo batinjelwe kona, baguquke,
bakutaruzise elizweni labatimbi babo, be-
siti : Sonile, senzile ngobugwenxa, senza
okukohlakeleyo ; 48 bade babuyele kuwe
ngayo yonke inkliziyo yabo, nangawo
wonke umpefumlo wabo, elizweni lentsha-
ba zabo ezibatimbileyo, batandaze kuwe
ngakulo ilizwe labo, elo wabulinika koyise
babo, *ngakuso* esisixeko usinyulileyo, na-
*ngakuyo* lendhlu endiyakileyo ngennxa
yegama lako; 49 wandule uve ezulwini,
endaweni yokuhlala kwako, ukutandaza
kwabo nokutaruzisa kwabo, ulenze ibango
labo, 50 ubaxolele abantu bako abonileyo
ngakuwe, nazo zonke izigqito zabo abagqi-
tileyo ngakuwe ngazo, ubanike izibele
ebusweni babo babatimbileyo, baze babe
nobubele ngakubo : 51 ngokuba bona be-
ngabantu bako, nelifa lako, owabakupayo
elizweni le-Jipete, pakati kwesidhlangalala
sesincete : 52 ukuze amehlo ako abe evu-
lekile ekutaruziseni kwesicaka sako, nase-
kutaruziseni kwabantu bako o-Sirayeli,
ukuba ubapulapule kuko konke ukubiza
kwabo kuwe. 53 Ngokuba wena ubahlu-
lile kubo bonke abantu bomhlaba, babe
lilifa lako, njengokuba utetile ngesandhla
sika-Mosesi isicaka sako, wakupumisa oba-
wo betu e-Jipete, NKOSI, YEHOVA !
54 Kwaza kwati, nxa agqibileyo u-Solo-
mone ukutandaza KUYEHOVA wonke lomta-
ndazo nesitaruziso, wesuka ebusweni besi-
bingelo SIKAYEHOVA, ekuguqeni emadolwe-
ni ake, enezandhla zake zoluliwe ngasezu-
lwini.
55 Waza wema, watamsanqelisa yonke
inklanganiso yo-Sirayeli ngelizwi elikulu,
esiti : 56 Makabongwe UYEHOVA, obaniki-
leyo abantu bake o-Sirayeli ukupumla,
njengoko konke akutetileyo : akutshitsha-
nga nannye indawo kulo lonke ilizwi lake
elilungileyo, abeliteta ngesandhla sika-
Mosesi isicaka sake. 57 Wanga UYEHOVA,
UTIXO wetu, angaba nati, njengokuba obe-
nobawo betu ; angasishiyi, angasilahli no-
kusilahla ; 58 atobele inkliziyo zetu nga-
kuye, ukuba sihambe kuzo zonke indhlela
zake, nokuba sigcine imiyalelo yake, nezi-
miselo zake, nezigwebo zake, abeyalela
obawo betu ngazo. 59 Nalamazwi ami,
enditaruzisile ngawo pambi KWOYEHOVA,
makabe kufupi NOYEHOVA, UTIXO wetu,
emmini nasebusuku, ukuba alenze ibango
lesicaka sake, nebango labantu bake o-Si-
rayeli, indawo yemihla ngemihla ngomhla
wayo : 60 ukuze bakwazi bonke abantu bom-
hlaba ukuba UYEHOVA unguye UTIXO, kunge-
ko wumbi. 61 Maibe ngoko inkliziyo yenu
ikolisekile NGAKUYEHOVA, UTIXO wetu, uku-
hamba ngezimiselo zake, nokugcina imiya-
lelo yake, njengokuba *kunjalo* namhla.
62 Kwaza kwabinga ukumkani, nabo
bonke o-Sirayeli kunye naye, umbingo
pambi KWOYEHOVA. 63 Waye u-Solomone
wabinga umbingo weminikelo yoxolo,
owawubingela UYEHOVA, inkabi ezingama-
waka angamashumi mabini anamabini, ne-
gusha ezingamawaka alikulu linamashumi
mabini. Benje njalo ukutwasisa indhlu
KAYEHOVA ukumkani nalo lonke usapo
luka-Sirayeli. 64 Wati ukumkani ngom-
hla lowo wenza ngcwele umpakati we-
bala elipambi kwayo indhlu KAYEHOVA ;
ngokuba wabelungisa kona amadini oku-
tshiswa, neminikelo yokudhla, nenqata le-
minikelo yoxolo ; ngennxa yokuba isibi-
ngelo sexina, esipambi KWOYEHOVA, sibe
sincinane kokokuba samkele amadini oku-
tshiswa, neminikelo yokudhla, nenqata le-
minikelo yoxolo.
65 Wayesenza u-Solomone ngeloxesha
umtendeleko, nabo bonke o-Sirayeli kunye
naye, inklanganiso enkulu, ivela kwa se-
kungenweni kwe-Hamati kwada kwasem-
lanjeni wase-Jipete, pambi KWOYEHOVA,
UTIXO wetu, imihla esixenxe nemihla esixe-
nxe, imihla elishumi linamine. 66 Ngom-
hla wesibozo wabandululu abantu ; abata-
msanqelisayo ukumkani, bahambela ezin-
tenteni zabo, bevuya, becwayitile ngen-
kliziyo, pezu kwako konke okulungileyo
abekwenzile UYEHOVA ku-Davide isicaka
sake, nako-Sirayeli abantu bake.



University of Fort Hare

9 KWAYE kute, nxa u-Solomone abegqi-
bile ukwaka indhlu KAYEHOVA, nendhlu
yokumkani, nako konke ukunqwenela
kuka-Solomone owabetanda ukukwenza,
2 wandula wabonakala UYEHOVA ku-Solo-
mone ngokwesibini, njengokuba ebebona-
kele kuye e-Gibeyone.

3 Wayesiti UYEHOVA kuye: Ndivile
umtandazo wako, nesitaruziso sako utaru-
zisile ngaso ebusweni bami; ndenzile
ngcwele indhlu le oyakileyo, ukuba ndibe-
ke igama lami kona kude kube ngunapa-
kade; kwakuya kubako kona amehlo ami
nenkliziyo yami imihla yonke. 4 Kanjalo
wena ukuba uya kuhamba pambi kwami,
njengokuba ebehamba u-Davide uyihlo
wako, ngolungelelwano lwenkliziyo, na-
ngokulungisa, ukwenza ngako konke endi-
kuyaleleyo; *nokuba* uya kugcina izimiselo
zami nezigwebo zami: 5 ndiya kwandula
ndiqinise iterone yobukumkani bako pezu
kwo-Sirayeli kude kube ngunapakade;
njengokuba benditeta ku-Davide uyihlo
wako, ndisiti: Akuyi kukunqamkela indo-
da pezu kweterone yakwa-Sirayeli. 6 *Ka-
nti* ukuba niya kuka nibuye ekundilande-
leni, nina nabantwana benu, nize ninga-
gcini imiyalelo yami, *n*ezimiselo zami
endizibekileyo pambi kwenu, kodwa niye
nikonze otixo bambi, nitobe pambi kwabo:
7 ndiya kwandula ndinqamle o-Sirayeli
emhlabeni, endiwunikileyo kubo; nale-
ndhlu, endiyingcwalisele igama lami, ndo-
yilahla ebusweni bami; waye u-Sirayeli
eya kuba yinto yokuzekeliswa nelizwi lo-
kuhlekisa pakati kwabantu bonke: 8 nen-
dhlu le, epezulu, osukuba edhlula ngaku-
yo woti nqa, enze amakwelo; kwakuya
kutiwa: Kungennxa yanina enzileyo UYE-
HOVA njengokunjalo kwelilizwe nakule-
ndhlu? 9 kwakuya kutiwa: Ngennxa yo-
kuba bamshiya UYEHOVA, UTIXO wabo, owa-
bapumisayo oyise babo elizweni le-Jipete,
nokuba babambelela kotixo bambi, batoba
pambi kwabo, babakonza: kungoko UYE-
HOVA azisileyo pezu kwabo bonke obububi.

10 KWAZA kwati ekupeleni kwemi-
nyaka emashumi mabini, okuya u-Solomone
abezakile izindhlu ezo zombini, indhlu
KAYEHOVA, nendhlu yokumkani, 11 (u-
Hirame, ukumkani we-Tire, ebencedile u-
Solomone ngemiti yesedare, nangemiti ye-
berosho, nangegolide, ngako konke ukuta-
nda kwake,) wandula ukumkani u-Solomo-
ne wampa u-Hirame izixeko ezimashumi
mabini elizweni le-Galili. 12 Waza wa-
puma u-Hirame e-Tire ukuya kubona
izixeko abezipiwe ngu-Solomone; kodwa
bezingafanele emehlweni ake. 13 Wati
ngoko: Zezinina izixeko ezi uzipile kumi,
mzalwana wami? Wayezibiza ngokuti li-
lizwe le-Kabule kwada kwanamhla nje.
14 Kekaloku u-Hirame wabezitumile ku-
kumkani italente zegolide zalikulu lina-
mashumi mabini.

15 Nantsi indawo yesitabataba *sabantu*,
abesinyusile ukumkani u-Solomone, ukuba
kwakiwe indhlu KAYEHOVA, nendhlu yake,
ne-Milo, nodonga lwe-Yerusaleme, ne-Ha-
tsore, ne-Megido, ne-Gezere: 16 (Waye-
nyukile u-Faro ukumkani we-Jipete, wa-
yibamba i-Gezere, wayitshisa ngomlilo,
naba-Kanane ababehlala esixekweni waba-
bulala, nayo yona wayinika ibe libaso
kwintombi yake umfazi ka-Solomone:
17 waza u-Solomone wayaka i-Gezere, ne-
Bete-horone yasezantsi, 18 ne-Bahalate,
ne-Tademore enklango, kwelolizwe, 19 na-
zo zonke izixeko zokubekela abenazo u-
Solomone, nezixeko zennqwelo, nezixeko
zamahashe okukwelwa, noko asukuba ebe-
nqwenela u-Solomone ukukwaka e-Yerusa-
leme, nase-Lebanone, nakulo lonke ilizwe
lobukosi bake:) 20 Bonke abantu ababe-
sele kubo aba-Amori, ama-Hete, ama-Peri-
zi, ama-Hivi, nama-Yebusi, abebengengabo
abosapo luka-Sirayeli, 21 abantwana babo
ababesele emva kwabo elizweni, abo usapo
luka-Sirayeli belukohliwe ukubalahlela
ekutshatyalalisweni, kwa pezu kwabo
wabeka u-Solomone ukunikela ngenkonzo
kwada kwanamhla nje. 22 Kanti kulo
usapo luka-Sirayeli u-Solomone akenza na-
linye ikonza; kodwa lona belungamadoda
okulwa, nezicaka zake, nenkosana zake,
nenjengele zake, nabapati bennqwelo zake,
nabakweli bake bamahashe. 23 *Kulo* olu
beziko inkosi zabongama ababepezu kwom-
sebenzi ka-Solomone, amakulu mahlanu
anamashumi mahlanu, ezibe zinobukosi
pezu kwabantu abenzayo emsebenzini.

24 Koko intombi ka-Faro yenyuka esi-
xekweni sika-Davide ukuya endhlwini
yayo, abeyakele yona *u-Solomone:* oko wa-
yaka i-Milo.

25 Waye u-Solomone amaxesha matatu
emnyakeni 'mnye enikela amadini okutshi-
swa neminikelo yoxolo, pezu kwesibingelo
abesakele UYEHOVA, waqumisa pezu kwaso



University of Fort Hare

*isibingelo* esibe sipambi KWOYEHOVA: kwa
njalo wayigqiba indhlu.
26 Kanjako ukumkani u-Solomone wa-
zenza innqanawa e-Hetsiyone-gebere, e-
ngase-Elote, elunxwemeni lwolwandhle
olubomvu, elizweni le-Edome. 27 Waza
u-Hirame watuma ezinnqanaweni ezo izi-
caka zake, amadoda ennqanawa abelwazi
ulwandhle, kunye nezicaka zika-Solomone.
28 Zaye zisiya e-Ofire, zatabata kona igo-
lide, italente ezingamakulu mane anama-
shumi mabini, zayizisa kukumkani u-Solo-
mone.

10 WATI ukumkanikazi we-Sheba, aku-
va udumo luka-Solomone ngokwega-
ma LIKAYEHOVA, weza ukumlinga ngezi-
ntsonkotelo. 2 Wayesiza e-Yerusaleme
nomkosi omkulu kunene, inkamela zitwele
izimnandi, nento enninzi yegolide, nama-
tye anqabileyo: wati-akuza ku-Solomone,
wateta naye konke okusenkliziyweni yake.
3 Waza u-Solomone wamtyilela onke ama-
zwi ake: akwabiko nento ebimfihlelwa
ukumkani, abengamtyileli yona. 4 Keka-
loku uxa ukumkanikazi we-Sheba wabona
bonke ubulumko buka-Solomone, nendhlu
abeyakile, 5 nokutya kwesitebe sake, no-
kuhlala kwezicaka zake, nokuma kwabako-
nzi bake, nezivato zabo, nabancamli bake,
nesinyukelo sake, owenyuka ngaso ukuya
endhlwini KAYEHOVA, akwabi sabiko um-
moya kuye. 6 Wayesiti kukumkani: Be-
liyinnene ilizwi elo bendiliva elizweni
lami, ngemicimbi yako nangobulumko ba-
ko. 7 Kodwa bendingakolwa ngamazwi
lawo, ndide ndafika, aza abona amehlo
ami: kekaloku bona ke, andixelelwanga
nesiqingata; ugqitisile ngobulumko na-
ngobutamsanqa ireto endalivayo. 8 Anen-
nyweba amadoda ako, zinennyweba ezizi-
caka zako, ezimiyo futi ebusweni bako,
ezivayo ubulumko bako. 9 Makabongwe
UYEHOVA, UTIXO wako, owakukolelayo, uku-
ba akubeke pezu kweterone yakwa-Sira-
yeli. Ngokuba UYEHOVA ebatandile o-
Sirayeli ngonapakade, kukona akumiseleyo
ube ngukumkani, ukwenza ubugwebo no-
bulungisa. 10 Waza wamnika ukumkani
italente zegolide zalikulu elinamashumi
mabini, nento enninzi yezimnandi, nama-
tye anqabileyo: bekungasiza izimnandi
kanjako ngokuba zininzi njengezo uku-
mkanikazi we-Sheba wazinika kukumkani
u-Solomone.
11 Nakanjalo innqanawa zika-Hirame,
ezatuta igolide e-Ofire, zavela e-Ofire ne-
miti yelamuge emininzi kakulu, namatye
anqabileyo. 12 Waye ukumkani ngemiti
yelamuge leyo wenzela indhlu KAYEHOVA
nendhlu yokumkani izixaso, *wenzela* aba-
culi ikinore nenebele kanjalo: bekungasiza
imiti yelamuge enjalo, bekungabonwa *e-
njalo* kanjako, kwada kwanamhla nje.
13 Waza ukumkani u-Solomone wamni-
ka ukumkanikazi we-Sheba konke ukuta-
nda kwake, oko wakucelayo, ngapandhle
kwoko wamnikayo ngokwesisa sokumkani
u-Solomone. Wada wabuya, wahambela
kwelake ilizwe, yena nezicaka zake.
14 Kekaloku ukulinganiswa kwayo igo-
lide ebisiza ku-Solomone emnyakeni 'mnye,
bezizitalente zegolide ezingamakulu mata-
ndatu anamashumi matandatu enesitanda-
tu; 15 ngapandhle *kwebisiza* ngabaratyazi,
nokutenga kwabatengisi, nabo bonke oku-
mkani base-Arabi, nenkosi zelizwe.
16 Waza ukumkani u-Solomone wenza
amakaka angamakulu mabini ngegolide
ekandelweyo; kwafakwa amakulu mata-
ndatu *eshekele* zegolide pezu kwekaka li-
nye: 17 *wazenza* nengweletshetshe ezinga-
makulu matatu ngegolide ekandelweyo;
kwafakwa imina zegolide zantatu pezu
kwengweletshetshe innye: waza ukumka-
ni wazibeka endhlwini yehlati le-Leba-
none.
18 Waye ukumkani kanjako wayenza
iterone enkulu yopondo lwendhlovu, waya-
leka ngegolide ecocekileyo. 19 Iterone
leyo ibinezinyukelo zitandatu, nenkloko
yeterone ibiyinnqukuva ngasemva; *bekuko*
nezayamelo ngelicala nangeliya ngasenda-
weni yokuhlala, nengonyama zimbini zimi
kufupi nezayamelo ezo: 20 zema kona
nengonyama zilishumi linambini ngelicala
nangeliya pezu kwazo izinyukelo zitanda-
tu: akwenziwanga enjalo kobunye ubuku-
mkani. 21 Kanjako zonke impahla zoku-
sela zokumkani u-Solomone zibe zizezego-
lide, nazo zonke impahla zendhlu yehlati
le-Lebanone zibe zizezegolide enqabileyo:
bekungeko ezesilivere; ibingabalelwa 'luto
*yona* emihleni ka-Solomone. 22 Ngokuba
ukumkani ebenennqanawa zase-Tareshishe
pezu kwolwandhle, kunye nennqanawa
zika-Hirame: kwakanye eminyakeni mi-
tatu zafika innqanawa zase-Tareshishe, zi-
zisa igolide, nesilivere, nempondo zendhlo-
vu, nenkau, namaseme.



University of Fort Hare

23 Kwa njalo ukumkani u-Solomone
wayemkulu pezu kwabo bonke okumkani
bomhlaba, ngobutyebi nangobulumko. 24
Kanjako umhlaba wonke wabufuna ubuso
buka-Solomone, ukuze babuve ubulumko
bake, obo wabubeka UTIXO enkliziyweni
yake. 25 Baye besiza abanye ngabanye
nebaso labo, impahla zesilivere, nempahla
zegolide, nengubo, nezixòbo, nezimnandi,
*n*amahashe, namaqwarara; into yomnyaka
ngomnyaka.

26 Waye u-Solomone kanjalo wabuta
innqwelo namahashe okukwelwa; wabe-
nennqwelo zaliwaka linamakulu mane,
namahashe okukwelwa angamawaka ali-
shumi linesibini; owazibeka ezixekweni
zennqwelo, nakuye ukumkani e-Yerusa-
leme.

27 Kanjako ukumkani wayenza isilivere
e-Yerusaleme njengamatye, nemiti yese-
dare wayenza njengemikiwane esezihla-
njeni, ngokuba mininzi. 28 Nokuvela
kwamahashe ka-Solomone e-Jipete, wati
umhlambi wabatengi bokumkani wamkela
umhlambi *wamahashe* ngenani *elitile.* 29
Kwaye kunyuka kwapuma innqwelo e-
Jipete nge*shekele* zesilivere ezingamakulu
matandatu, nehashe ngezilikulu linama-
shumi mahlanu: kwaye kunjalo bekuku-
tshelwa bonke okumkani bama-Hete, no-
kumkani be-Siriya, ngesandhla sabo.

11 KODWA ukumkani u-Solomone wa-
tanda abafazi bezinnye inklanga aba-
ninzi, ngapandhle kwentombi ka-Faro,
ama-Mowabikazi, aba-Hamonikazi, ama-
Edomekazi, ama-Tsidonekazi, *n*ama-Hete-
kazi; 2 abenklanga abeté UYEHOVA elusa-
tsheni luka-Sirayeli: Aniyi kungena kuzo,
kanjalo zona aziyi kungena kuni; ngen-
nyaniso, ziya kupambukisa inkliziyo yenu
ukwa emva kwotixo bazo: kwa kubo aba
wanamatela u-Solomone ngotando. 3 Wa-
yenabafazi abangamakulu asixenxe, benga-
makosikazi, namashweshwe angamakulu
matatu: bada abafazi bake bapambukisa
inkliziyo yake. 4 Ngokuba bekute nge-
xesha lobudala buka-Solomone, abafazi
bake bapambukisa inkliziyo yake ukuya
emva kwotixo bambi; yaye inkliziyo ya-
ko yayingakolisekile NGAKUYEHOVA, UTIXO
wake, njengenkliziyo ka-Davide uyise.
5 Ngokuba u-Solomone ebelandela u-Ha-
shetorete utixokazi wama-Tsidone, no-
Milikome intshontsho yaba-Hamoni. 6 Wa-
ye u-Solomone kanjalo ekwenza okukohla-
keleyo emehlweni KAYEHOVA, engakolisi
ukulandela UYEHOVA, njengo-Davide uyise.
7 Oko wayaka u-Solomone indawo epaka-
mileyo ku-Kemoshe intshontsho yama-
Mowabi, entabeni epambi kwe-Yerusaleme,
naku-Moleke intshontsho yosapo luka-
Hamoni. 8 Wayesenzela bonke abafazi
bake bezinnye inklanga kwa ngokunjalo,
abaqumisayo babingelela kotixo babo.

9 Waza waqumba UYEHOVA ngakuyo u-
Solomone, ngokuba inkliziyo yake ipambu-
kile KUYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, obebo-
nakele kuye kabini, 10 wamyalela ngalo-
ndawo, ukuba makangalandeli otixo ba-
mbi: kodwa akagcina oko wamyalelayo
UYEHOVA. 11 Ngako wati UYEHOVA ku-
Solomone: Ngenmxa yokuba iko lento
kuwe, ukuba akugcinanga ucebano lwami
nezimiselo zami endikuyaleleyo ngazo,
ndiya kurazula ngennyaniso ubukumkani
obu kuwe, ndibunike kwisicaka sako.
12 Andiyi kukwenza *oku* noko emihleni
yako, ngennxa ka-Davide uyihlo wako;
ndoburazula esandhleni sonyana wako.
13 Kodwa andiyi kurazula ubukumkani
bonke; isizwe sinye ndosinika kunyana
wako, ngennxa ka-Davide isicaka sami,
nangennxa ye-Yerusaleme endiyinyuli-
leyo.

14 Waza UYEHOVA wamvusela u-Solomo-
ne umalane, u-Hadade um-Edome: yena
ebengowenzalo yokumkani e-Edome. 15
Ngokuba bekute, akuba u-Davide ebese-
Edome, nxa u-Jowabi inkosi yomkosi ebe-
nyukile ukuya kunewaba abahlatyiweyo,
seebulele nje bonke ababudoda e-Edome;
16 (ngokuba u-Jowabi ebesala kona innya-
nga zantandatu, no-Sirayeli bonke, wada
wanqamla bonke ababudoda e-Edome;)
17 wandula wesaba u-Hadade, yena nama-
doda *atile* angama-Edome ezicakeni zoyise
kunye naye, ukuya e-Jipete; waye u-
Hadade engumfana omncinane. 18 Baye
besuka e-Midiyane, beza e-Parane; bata-
bata amadoda nabo e-Parane, bada bafika
e-Jipete, ku-Faro ukumkani we-Jipete;
owamnika indhlu, wamabela ukudhla,
wamnika nomhlaba. 19 Waza u-Hadade
wafumana ufefe olukulu emehlweni ka-
Faro, wada wamnika abe ngumfazi udade
womfazi wake, udade ka-Tapenesi uku-
mkanikazi. 20 Wati udade ka-Tapenesi
wamzalela u-Genubate, unyana wake, obe-
lunyulwa ngu-Tapenesi endhlwini ka-



University of Fort Hare

Faro; waza u-Genubate wasendhlwini
ka-Faro pakati kwonyana baka-Faro.
21 Kekaloku akuva u-Hadade e-Jipete,
ukuba u-Davide walala noyise bake, noku-
ba u-Jowabi inkosi yomkosi ufile, wati
u-Hadade ku-Faro: Ndindulule, ukuba
ndiye elizweni lami. 22 Wandula wati
u-Faro kuye: Pofu uswele 'nto nina kumi,
ukuba, bona ke, ufuna ukuya elizweni
lako? Wayesiti: Akuko 'nto; kodwa ka-
undindulule noko.
23 Kanjako UTIXO wamvusela *omnye*
umalane, u-Rezone unyana ka-Eliyada,
owesaba ku-Hadadezere ukumkani we-
Tsoba inkosi yake. 24 Wada wahlanga-
nisela kuye amadoda, waba yinkosi yeba-
ndhla, okuya u-Davide wababulala *abase-
Tsoba*: basuka baya e-Damakusi, bahlala
kona, bapata ubukumkani e-Damakusi.
25 Wayengumalane yena ko-Sirayeli yo-
nke imihla ka-Solomone, ngapandhle kwo-
bubi *abebenza* u-Hadade: wayetiya o-
Sirayeli, wapata ubukumkani pezu kwe-
Siriya.
26 No-Jerobome unyana ka-Nebati,
um-Eferata wase-Tsereda, isicaka sika-
Solomone, onina ebenegama elingu-Tseru-
ha, umhlolokazi, kwa naye wapakamisa
isandhla ngakuye u-Solomone. 27 Nantsi
indawo wapakamisa isandhla ngakuye u-
kumkani ngayo: u-Solomone waka i-Milo,
wavingca intanda zesixeko sika-Davide
uyise. 28 Kekaloku indoda leyo, u-Jero-
bome, ibiliroti elikalipileyo: waza u-Solo-
mone, akubona indodana leyo ukuba ya-
wenza umsebenzi, wayongamisa pezu kwa-
wo wonke umtwalo wendhlu ka-Josefe.
29 Kwaza kwati ngeloxesha, akuba u-
Jerobome epumile e-Yerusaleme, wandula
u-Ahiya um-Shilo, umprofite, wamfumana
endhleleni; waye yena ezinamekile ngen-
gubo entsha; babebodwa bobabini en-
dhle: 30 waza u-Ahiya wabamba ingubo
entsha ebikuye, wayirazula ibe ziziziba
zilishumi linazibini; 31 wayesiti ku-Jero-
bome: Zitabatele iziziba zibe lishumi;
ngokuba esitsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli, ukuti: Bona ke, ndiya kurazula ubu-
kumkani esandhleni sika-Solomone, ndini-
ko wena izizwe ezilishumi: 32 (kodwa
isizwe sinye soba sesake, ngennxa yesi-
caka sami u-Davide, nangennxa ye-Yeru-
saleme, isixeko endisinyulileyo kuzo zonke
izizwe zo-Sirayeli:) 33 ngennxa yokuba
bandishiyile, nokuba batobile pambi kwo-
Hashetorete utixokazi wama-Tsidone, *no-*
Kemoshe utixo wama-Mowabi, no-Miliko-
me utixo wosapo luka-Hamoni, bengaha-
mbanga nje ezindhleleni zami, ukwenza
okufaneleyo emehlweni ami, kwa izimiselo
zami nezigwebo zami, njengo-Davide uyi-
se. 34 Kodwa andiyi kususa ubukumkani
bonke esandhleni sake; koko ndiya kum-
enza abe yinkosi yonke imihla yokudhla
kwake ubomi, ngennxa ka-Davide isicaka
sami, endamnyulayo, ngokuba wabegcina
imiyalelo yami nezimiselo zami: 35 kodwa
ndiya kususa ubukumkani esandhleni so-
nyana wake, ndibunike kuwe, kwa izizwe
ezilishumi. 36 Nakunyana wake ndiya
kunika isizwe sinye, ukuze u-Davide isica-
ka sami abe nesibane ngamaxesha onke
ebusweni bami e-Yerusaleme, isixeko endi-
sinyulele mina, ukuba ndibeke igama lami
kona. 37 Kanjalo wena ndokutabata, wa-
uya kupata ubukumkani pezu kwako konke
okukanukwayo ngumpefumlo wako, ube
ngukumkani pezu kwo-Sirayeli. 38 Kwa-
kuya kuti, ukuba uya kupulapula konke
endikuyalelayo ngako, uhambe ezindhlele-
ni zami, wenze okufaneleyo emehlweni
ami, ukugcina imimiselo yami nemiyalelo
yami, njengokuba wenje *njalo* u-Davide
isicaka sami, ndiya kwandula ndibe nawe,
ndikwakele indhlu eqinileyo, njengokuba
ndimakele u-Davide, ndikunike o-Sirayeli.
39 Ndandiya kubandezela inzalo ka-
Davide ngennxa yoku; kodwa akuyi
kuba *njalo* amaxesha onke. 40 Ngako u-
Solomone wafuna ukumfisa u-Jerobome.
Wandula wesuka u-Jerobome, wesabela e-
Jipete, ku-Shishaki ukumkani we-Jipete,
wabeko e-Jipete kwada kwafa u-Solo-
mone.
41 Kekaloku isisalela semicimbi ka-So-
lomone, nako konke wakwenzayo, nobulu-
mko bake, ayibàlwanga na yonke encwa-
dini yemicimbi ka-Solomone? 42 Nexesha
u-Solomone wabepata ubukumkani ngalo
e-Yerusaleme pezu kwo-Sirayeli bonke,
ibiyiminyaka engamashumi mane. 43 Wa-
da u-Solomone walala noyise bake, wa-
ncwatywa esixekweni sika-Davide uyise;
waza u-Rehobome unyana wake waba ngu-
kumkani esikundhleni sake.

12 WASUKA u-Rehobome waya e-She-
keme; ngokuba bebeze e-Shekeme
o-Sirayeli bonke, ukuze bamenze uku-
mkani.



University of Fort Hare

2 Kwaye kute, kwakuviwa ngu-Jerobo-
me unyana ka - Nebati, (kekaloku yena
ebeseko e-Jipete, ngokuba ebesabile ebu-
sweni buka-Solomone ukumkani; waza u-
Jerobome wahlala e-Jipete; 3 bada batu-
ma bambiza;) kwandul' ukuza u-Jerobome
nayo yonke inklanganiso yo-Sirayeli, ba-
teta ku-Rehobome, besiti: 4 Uyihlo wako
wayenza lukuni iyokwe yetu; uz' uti
wena kaloku wenze lula ubukonzo boyihlo
obulukuni, neyokwe enzima abeyibeka
pezu kwetu, sasiya kukukonza. 5 Waye-
siti kubo: Mukani kanjako intsuku zibe
ntatu, nandule nibuye nize kumi. Bemka
ke abantu.

6 Waza ukumkani u-Rehobome wacebi-
sana namaxego, abemi ebusweni buka-
Solomone uyise, nxa abesahleli, wati:
Niti nina uku*ndi*cebisa nina, kuze kupe-
ndulwe ababantu? 7 Ateta kuye, esiti:
Ukuba uya kuba sisicaka kwababantu
namhla, ubakonze, ubapendule, utete kubo
amazwi alungileyo, baya kwandula babe
zizicaka zako imihla yonke.

8 Kodwa washiya icebo lamaxego, elo
abemcebisile ngalo, waya wacebisana na-
madodana abekulile kunye naye, abemi
ebusweni bake. 9 Wayesiti kuwo: Leli-
nina icebo nilinikayo nina, ukuba sipe-
ndule ababantu, abatetileyo kumi, besiti:
Yenza lula iyokwe ayibekileyo pezu kwetu
uyihlo wako? 10 Aza ateta kuye amado-
dana abekulile kunye naye, esiti: Uya
kutsho kwababantu abatetileyo kuwe, be-
siti: Uyihlo wako wayenza nzima iyokwe
yetu, kodwa wena yenze lula pezu kwetu;
uya kutsho kubo ukuti: Ucikicane wami
woba mkulu kuso isinqe sobawo isibili
sake. 11 Ukuba kaloku ubawo unitwesile
ngeyokwe enzima, mina ke ndiya kwonge-
za kuyo iyokwe yenu; ubawo unohlwayile
ngezwiniya, kodwa mina ndonohlwaya
ngonomadudwane.

12 Kwa njalo kweza u-Jerobome nabo
bonke abantu ku-Rehobome ngosuku lwe-
sitatu, njengokuba ebetetile ukumkani,
esiti: Buyani nize kumi ngosuku lwesi-
tatu. 13 Waza ukumkani wapendula aba-
ntu ngokulukuni, walishiya icebo lamaxe-
go, elo amcebisa ngalo, 14 wateta kubo
njengecebo lamadodana, esiti: Ubawo we-
nza nzima iyokwe yenu, kodwa mina ndiya
kwongeza kuyo iyokwe yenu; ubawo
wanohlwaya ngezwiniya, kodwa mina
ndiya kunohlwaya ngonomadudwane.

15 Akapulapula ke ukumkani ebantwi-
ni; ngokuba belulujiko luvela KUYEHOVA,
ukuze aliqinise ilizwi lake, elo walitetayo
UYEHOVA ngaye u-Ahiya um-Shilo ku-Jero-
bome unyana ka-Nebati.

16 Bati bakubona bonke o-Sirayeli uku-
ba ukumkani akapulapuli kubo, bapendula
abantu kukumkani, besiti: Sisipina isabi-
wo esinaso ku-Davide? akuko *kuti* nelifa
kunyana ka-Jese: ezintenteni zenu, bo-
Sirayeli! kaloku kangela kweyako indhlu,
Davide! Basuka baya o-Sirayeli ezinte-
nteni zabo. 17 Kodwa usapo luka-Sira-
yeli olube luhleli ezixekweni zakwa-Juda,
wapata ubukumkani pezu kwalo u-Reho-
bome.

18 Wandula ukumkani u - Rehobome
watuma u-Adorame, obepezu kwabesitaba-
taba; baza bonke o-Sirayeli bamgibisela
ngamatye, wada wafa. Ngako ukumkani
u-Rehobome wanxama ukukwela enuqwe-
lweni, ukuba asabele e-Yerusaleme. 19
Kwa njalo o-Sirayeli baqipukelana nen-
dhlu ka-Davide, kwada kwanamhla nje.

20 Kwaye kute, kwakuviwa ngo-Sira-
yeli bonke ukuba ubuyile u-Jerobome,
bandula batuma bambizela enklangani-
sweni, bamenza ukumkani pezu kwo-Sira-
yeli bonke: akwabiko namnye owalandela
indhlu ka-Davide, ngapandhle kwesizwe
sika-Juda sodwa.

21 Wati u-Rehobome akufika e-Yerusa-
leme, wahlanganisa yonke indhlu ka-Juda,
nesizwe sika-Benjamine, amawaka alikulu
linamashumi asibozo amadodana eqelene
nokulwa, ukuba kuliwe nendhlu ka-Sira-
yeli, buze ubukumkani bubuyiselwe ku-
Rehobome unyana ka-Solomone. 22 Ko-
dwa ilizwi LIKATIXO leza ku-Shemaya
indoda KATIXO, lisiti: 23 Yitsho ku-Reho-
bome unyana ka-Solomone ukumkani wo-
Juda, nakuyo yonke indhlu ka-Juda no-
Benjamine, nakwisisalela sabantu, usiti:
24 Utsho UYEHOVA ukuti: Aniyi kunyuka,
aniyi kulwa nabazalwana benu usapo luka-
Sirayeli kanjalo; buyani abanye ngabanye
ukuya endhlwini yabo; ngokuba lento
yenzekile ngami. Baza bapulapula ilizwi
LIKAYEHOVA, babuya ukumka, njengelizwi
LIKAYEHOVA.

25 WANDULA u - Jerobome waka i-
Shekeme entabeni yakwa-Frayime, wahla-
la kuyo; wayepuma kona, waya waka i-
Penuweli. 26 Waza u - Jerobome wati



University of Fort Hare

enkliziyweni yake: Kaloku ubukumkani
bobuyela kwindhlu ka-Davide: 27 xesbe-
kweni baya kunyuka ababantu ukuya ku-
wenza amadini endhlwini KAYEHOVA e-
Yerusaleme, iya kwandula inkliziyo yaba-
bantu ibuyele enkosini yabo, ku-Rehobome
ukumkani wo-Juda; babeya kubulala mi-
na, babuyele ku-Rehobome ukumkani wo-
Juda. 28 Ngako ukumkani wafuna icebo,
wenza amatole amabini egolide, wati ku-
bo: Kunzima pezu kwenu ukuba ninyu-
kele e-Yerusaleme; naba otixo bako, Sira-
yeli! abakunyusayo elizweni le-Jipete.
29 Waza wabeka elinye e-Betele, nelinye
walimisa e-Dane. 30 Lento kodwa yaba
sisono: ngokuba abantu bebesiya pambi
kwelinye, kwada kwase-Dane. 31 Kanja-
ko wayenza indhlu yendawo ezipakamile-
yo; wenza nabaperisite ebantwini bonke,
abebengengabo abonyana baka-Levi. 32
Waye u-Jerobome kanjalo wawenza umte-
ndeleko ngennyanga yesibozo, ngoweshu-
mi linesihlanu umhla wennyanga, nje-
ngomtendeleko obukwa-Juda, wanikela
pezu kwesibingelo. Wenje njalo e-Betele,
ebingela amatole abewenzile: wayemisa e-
Betele abaperisite bendawo ezipakamileyo
abezenzile. 33 Kwa njalo wanikela pezu
kwesibingelo abesenzile e-Betele, ngowe-
shumi linesihlanu umhla wennyanga yesi-
bozo, ngennyanga abeyiqingile ngeyake
inkliziyo; waza wenzela usapo luka-Sira-
yeli umtendeleko, wanikela pezu kwesibi-
ngelo eso, waqumisa.

13 Kekaloku bona ke, indoda KATIXO ya-
vela kwa-Juda, ngelizwi LIKAYEHOVA,
yeza e-Betele: waye u-Jerobome waye-
mi esibingelweni, waqumisa. 2 Yaza
yabiza ngakuso isibingelo ngelizwi LIKA-
YEHOVA, yati: Sibingelo, sibingelo! utsho
UYEHOVA ukuti: Bona ke, umntwana uya
kuzalelwa kwindhlu ka-Davide, ngu-Josiya
igama lake, oya kubinga pezu kwako aba-
perisite bendawo ezipakamileyo, abo ba-
qumisayo pezu kwako, namatambo abantu
bowatshisa pezu kwako. 3 Yaza yanika
kwa ngalomhini umqondiso, isiti: Nguwo
lo umqondiso wokuba utetile UYEHOVA:
bona ke, isibingelo siya kurazuka, luti
ututu olupezu kwaso lupalake.

4 Kwaye kute, nxa ukumkani alivile
ilizwi lendoda KATIXO, ebibizile ngakuso
isibingelo esise-Betele, wandula u-Jerobo-
me wolula isandhla sake esesibingelweni,
esiti: Yibambeni! Koko isandhla sake
abesolule ngakuyo sashwabana, wada wa-
kohlwa kukusibuyisela kuye. 5 Kanjalo
isibingelo sarazuka, lwati ututu lwapalaka
esibingelweni, njengomqondiso obunikiwe
yindoda KATIXO ngelizwi LIKAYEHOVA. 6
Wandula wapendula ukumkani wati kwin-
doda KATIXO: Zubongoze ubuso BUKAYE-
HOVA, UTIXO wako, unditandazele, ukuba
isandhla sami sibuyele kumi. Yaza indoda
KATIXO yabongoza ubuso BUKAYEHOVA; sada
isandhla sokumkani sabuyela kuye, saba
njengapambili. 7 Waza ukumkani wateta
kwindoda KATIXO, *esiti:* Yiza nami ekaya,
uzomeleze, ndandiya kukupa ibaso. 8 Ko-
dwa indoda KATIXO yati kukumkani: Na-
kuba ubuya kundipa isiqingata sokwendhlu
yako, andiyi kuya nawe; kanjako isonka
andiyi kusidhla, namanzi andiyi kuwasela,
kulendawo: 9 ngokuba kungokunjalo beku-
ndiyalelwa ngelizwi LIKAYEHOVA, kusitwa:
Akuyi kudhla isonka, akuyi kusela namanzi,
akuyi kubuya nokubuya ngalondhlela
ubuhamba ngayo. 10 Ngako yahamba
ngendhlela yimbi, ayabuya ngalondhlela
ibisiza ngayo ukuza e-Betele.

11 Kekaloku bekuhlala e-Betele umpro-
fite omdala; wayesiza unyana wake, wam-
balisela konke ukwenza okube kwenziwe
yindoda KATIXO ngalommini e-Betele: ama-
zwi ibiwatetile kukumkani, lawo bawaba-
lisa kuyise wabo nawo. 12 Waza wateta
kubo uyise wabo, *esiti:* Ihambile ngeyi-
pina indhlela? Ngokuba onyana bake
bebebonile indhlela eyabihamba ngayo
indoda KATIXO, eyavela kwa-Juda. 13 Wa-
yesiti konyana bake: Ndibopele iqwara-
she. Baza bambopela iqwarashe, wakwela
pezu kwalo, 14 wahamba emva kwayo
indoda KATIXO, wayifumana ihleli ngapa-
ntsi kwomkoba: wayesiti kuyo: Nguwe
na indoda KATIXO ebivela kwa-Juda? Yati:
Ndimi. 15 Waza wati kuyo: Yiya nami
ekaya, usidhle isonka. 16 Yati: Ndiko-
hliwe ukubuya nawe, nokungena nawe;
kanjako isonka andiyi kusidhla, namanzi
andiyi kuwasela nawe, kulendawo: 17
ngokuba ilizwi *leza* kumi ngelizwi LIKAYE-
HOVA, *lisiti:* Akuyi kudhla isonka, akuyi
kusela kona namanzi; akuyi kubuya ngo-
kuhamba ngalondhlela ubuhamba ngayo.
18 Waza wati kuyo: Nami ndingumpro-
fite, njengawe; kekaloku ingelosi yateta
kumi ngelizwi LIKAYEHOVA, isiti: Yibuyise
nawe iye endhlwini yako, ukuba isidhle
isonka, isele namanzi. *Kodwa* waxoka



University of Fort Hare
Together in Excellence

kuyo. 19 Yandula yabuya naye, ya-
dhla isonka endhlwini yake, yasela nama-
nzi.

20 Kwaza kwati, besahleli bona ngase-
sitebeni, leza ilizwi LIKAYEHOVA kumprofite
obeyibuyisile; 21 owabiza ngakuyo indoda
KATIXO eyavela kwa-Juda, esiti: Utsho
UYEHOVA ukuti: Ngennxa yokuba uvukele
umlomo KAYEHOVA, nokuba ungagcinanga
umyalelo abekuyalele wona UYEHOVA, UTIXO
wako, 22 koko ubuyile, udhlile isonka,
uselile namanzi, endaweni abete kuwe
ngayo: Ungadhli isonka, ungaseli nama-
nzi; isidumbu sako asiyi kuza enewabeni
loyihlo bako.

23 Kwaye kute, emveni kwokuba ibi-
dhlile isonka, nasemveni kwokuba ibise-
lile, wandula wabopa iqwarashe, *ebop*ela
umprofite owabembuyisile. 24 Yasuka
yahamba, yaza ingonyama yafumanana
nayo endhleleni, yayibulala: saye isidu-
mbu sayo siposiwe pantsi endhleleni, lati
iqwarashe lema ngakuso, nengonyama ye-
ma ngasesidunjini. 25 Kekaloku bona ke,
amadoda ebedhlula, abona isidumbu sipo-
siwe pantsi endhleleni, nengonyama imi
ngasesidunjini: ayesiza axelela esixekwe-
ni, apo umprofite omdala ebehlala kona.
26 Akuva umprofite owayibuyisayo endhle-
leni, wati: Yindoda KATIXO, eyavukela
umlomo KAYEHOVA; ngako UYEHOVA uyini-
kele engonyameni, eyapuleyo, yayibulala,
njengelizwi LIKAYEHOVA, elo walitetayo
kuyo. 27 Waza wateta konyana bake,
esiti: Ndibopele iqwarashe. Babopa ke.
28 Wasuka wahamba, wafumana isidumbu
sayo siposiwe pantsi endhleleni, kwa ne-
qwarashe nengonyama zimi ngasesidunji-
ni: ingonyama ibingadhlanga isidumbu,
ibingalapulanga iqwarashe kanjalo. 29
Wandula umprofite wafunqula isidumbu
sendoda KATIXO, wasilalisa eqwarasheni,
wabuya naso: waye umprofite omdala esi-
za esixekweni, ukwenza isijwili, nokuyi-
nowaba. 30 Wayelalisa isidumbu sayo
kwelake inewaba; baza benza isijwili pezu
kwayo, *besiti:* Au, mzalwana wami!
31 Kwabekute, emvenikweni abeyinewa-
bile, watsho konyana bake, esiti: Nxa
ndibubile, nandule nindinewabe enewabe-
ni elo indoda KATIXO inewatyiwe kulo;
lalisa amatambo ami ngakuwo amatambo
ayo: 32 ngokuba liya kubako ngennyaniso
ilizwi yalibizayo, ngelizwi LIKAYEHOVA,
ngakuso isibingelo esise-Betele, nangakuzo
zonke izindhlu zendawo ezipakamileyo
ezisezixekweni zase-Samariya.

33 Emveni kwalendawo akaguquka u-
Jerobome endhleleni yake ekohlakeleyo,
kodwa wabuya wabenza ebantwini bonke
abaperisite bendawo ezipakamileyo; lowo
ubetanda wamtwasisa, waza waba *ngomnye*
wabaperisite bendawo ezipakamileyo. 34
Kanjalo lento yaba sisono kwindhlu ka-
Jerobome, kwa ukuyicita nokuyitshabala-
lisa ebusweni bomhlaba.

14 NGELOXESHA u-Abiya, unyana ka-
Jerobome, wabesifa. 2 Waza wati
u-Jerobome kumfazi wake: Kausuke, uze-
nze ngakumbi, ukuze kungaziwa ukuba
ungumfazi ka-Jerobome, uhambele e-Shilo;
nankuya kona u-Ahiya umprofite, lowo
watetayo ngami ukuba ndibe ngukumkani
pezu kwababantu. 3 Uze utabate esa-
ndhleni sako izonka zibe lishumi, nemiqa-
tane, negubu lobusi, uye kuye: yena wo-
kuxelela into eyakuhla umfana. 4 Wenjo
njalo ke umfazi ka-Jerobome, wayesuka,
wahambela e-Shilo, weza endhlwini ka-
Ahiya. Kekaloku u-Ahiya wakohlwa ku-
kubona; ngokuba ebete nqi amehlo ake
ngennxa yobudala bake. 5 Koko UYEHOVA
wati ku-Ahiya: Bona ke, umfazi ka-Jero-
bome uyeza ukubuza into kuwe ngayo
unyana wake, ngokuba esifa yena: ngoku-
nje nangokunje uya kuteta kuye; ngo-
kuba kuya kuti, nxa ezayo, uya kuzenzisa
wumbi.

6 Kwaza kwati, akuva u-Ahiya inkloko-
ma yennyawo zake, nxa abengena ngoca-
ngo, wandula wati: Ngena, mfazi ka-Jero-
bome! kunganina lento uzenzisa wumbi?
ngokuba nditunyiwe kuwe *nendaba* ezinzi-
ma. 7 Hamba, uti ku-Jerobome: Utsho
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Ngen-
nxa yokuba bendikupakamisa pakati kwa-
bantu, ndaza ndakwenza inkosi pezu kwa-
bantu bami o-Sirayeli, 8 ndarazula ubuku-
mkani kuyo indhlu ka-Davide, ndabunika
kuwe; nokuba ungabanga njengesicaka
sami u-Davide, owagcinayo imiyalelo ya-
mi, nowandilandelayo ngayo yonke inkli-
ziyo yake, ukwenza oko kufaneleyo eme-
hlweni ami kodwa; 9 koko ukwenzile
okukohlakeleyo ngapezu kwabo bonke
ababepambili kuwe: ngokuba uye wakwe-
nzela otixo bambi, nemifanekiso etyityi-
shiweyo, ukundiqumbisa, nami undilahlile
emva kwomhlana wako: 10 ngako oko,



University of Fort Hare

bona ke, ndiya kuzisa ububi pezu kwen-
dhlu ka-Jerobome, ndinqamlele u-Jero-
bome lowo unobudoda, ovaliweyo noku-
lulekileyo kwa-Sirayeli; ndandiya kuku-
kulisa indhlu ka-Jerobome, njengoku-
ba kukukuliswa umgquba, ide igqitye-
lwe. 11 Lowo ka-Jerobome obubayo esi-
xekweni, izinja ziya kumdhla; nalowo
ububayo endhle, intaka zezulu ziya kum-
dhla; ngokuba UYEHOVA etshilo. 12 Suka
wena ngoko, uye endhlwini yako; zisaku-
ngena innyawo zako esixekweni, uya ku-
buba umfana lowo. 13 Baye o-Sirayeli
bonke beya kumlilela, bamnewabe: ngo-
kuba nguye yedwa engoka-Jerobome oya
kuza encwabeni, ngennxa yokuba kufu-
nyanwa kuye into elungileyo ngakuye
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, pakati kwen-
dhlu ka-Jerobome. 14 Kanjako UYEHOVA
wozivusela ukumkani pezu kwo-Sirayeli,
oya kunqamla indhlu ka-Jerobome nga-
lomhla: kodwa yinto nina? *kuya kubako*
kwa ngoku. 15 Ngokuba UYEHOVA eya
kubeta o-Sirayeli, njengokuba ingcongolo
izanyazanyiswa emanzini, abancotule o-
Sirayeli kulomhlaba olungileyo wawuni-
kayo koyise babo, abati sa pesheya kwom-
lambo; ngennxa yokuba bazenzile i-
Ashera zabo, bequmbisa UYEHOVA nje.
16 Waeya kuyekelela o-Sirayeli ngennxa
yezono zika-Jerobome, owonileyo yena,
nowenzeyo o-Sirayeli bone *nabo*.

17 Wandula wesuka umfazi ka-Jerobo-
me, wemka, waya e-Tiretsa: esakuza pezu
kwombundu wendhlu, umfana wabuba;
18 baza bamnewaba; bati o-Sirayeli bonke
bamlilela; njengelizwi LIKAYEHOVA, abeli-
tetile ngesandhla sesicaka sake u-Ahiya
umprofite.

19 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Jerobome, ukuba wati nina ukulwa, noku-
ba wati nina ukupata ubukumkani, bona
ke, ibàliwe yona encwadini yemicimbi
yemihla ngemihla yokumkani bo-Sirayeli.
20 Nemihla owabepata ubukumkani ngayo
u-Jerobome, ibiyiminyaka engamashumi
mabini enesibini: wada walala noyise
bake, waza u-Nadabi unyana wake waba
ngukumkani esikundhleni sake.

*

21 KEKALOKU u-Rehobome unyana
ka-Solomone wapata ubukumkani kwa-
Juda: ebeyiminyaka engamashumi mane
enamnye ubudala bake, akuba ngukumka-
ni u-Rehobome, waza wapata ubukumkani
iminyaka yalishumi elinesixenxe e-Yeru-
saleme, isixeko abesinyulile UYEHOVA kuzo
zonke izizwe zo-Sirayeli, ukuba alibeke
igama lake kona. Igama lonina belingu-
Nahama, um-Hamonikazi. 22 Baye o-Juda
besenza okukohlakeleyo emehlweni KAYE-
HOVA, bamvusela ikwele, ngapezu kwako
konke bebekwenze oyise babo, ngezono
zabo abonayo ngazo. 23 Ngokuba nabo
bebezakela indawo ezipakamileyo, nentsi-
ka *zamatye*, ne-Ashera, pezu kwazo zonke
induli ezinde, nangapantsi kwayo yonke
imiti eluhlaza. 24 Kwaye kubako nen-
gnawo elizweni: benza njengazo zonke
izinto ezibuntshontsho zenklanga ezibe zi-
gqogqiwe NGUYEHOVA ebusweni bosapo
luka-Sirayeli.

25 Kwaye kute ngowesihlanu umnyaka
wokumkani u-Rehobome, wenyuka u-Shi-
shaki ukumkani we-Jipete ngakuyo i-Ye-
rusaleme; 26 wayesusa indyebo zendhlu
KAYEHOVA, nendyebo zendhlu yokumkani:
kwa zonke wazisusa: wayesusa onke ama-
kaka egolide abewenzile u-Solomone ka-
njalo. 27 Waza ukumkani u-Rehobome
wawenza endaweni yawo amakaka exina,
wawanikela esandhleni senkosi zomlisela,
obugcina umnyango wendhlu yokumkani.
28 Kwati ke, uxa asukuba ebesiya uku-
mkani endhlwini KAYEHOVA, umlisela wa-
watwala, wabuya weza nawo enkambilini
yomlisela.

29 Nesisalela semicimbi ka-Rehobome,
nako konke abekwenza, ayibàlwanga na
yona encwadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Juda? 30 Kwaye
kuko imfazwe pakati kwo-Rehobome no-
Jerobome yonke imihla *yabo*. 31 Wada
walala u-Rehobome noyise bake, wancwa-
tywa noyise bake esixekweni sika-Davide.
Igama lonina belingu-Nahama, um-Hamo-
nikazi. Waza u-Abiyame unyana wake
wapata ubukumkani esikundhleni sake.

15 Ngoweshumi linesibozo umnyaka wo-
kumkani u-Jerobome unyana ka-Ne-
bati, waba ngukumkani u-Abiyame pezu
kwo-Juda. 2 Ibiyiminyaka mitatu wabe-
pata ubukumkani e-Yerusaleme. Igama
lonina belingu-Mabaka, intombi ka-Abi-
shalome. 3 Waza wahamba kuzo zonke
izono zoyise, abezenzile yena pambili
kuye; kanjalo inkliziyo yake ibingakoli-
sekile NGAKUYEHOVA, UTIXO wako, njengen-
kliziyo ka-Davide uyise. 4 Noko ngen-
nxa ka-Davide, UYEHOVA, UTIXO wake,



University of Fort Hare
Together in Excellence

wamnika isibane e-Yerusaleme, ngokuvusa
unyana wake emva kwake, nangokumisa
i-Yerusaleme: 5 ngokokuba u-Davide ebe-
kwenzile okufaneleyo emehlweni KAYEHO-
VA, engapambukanga nje kuko konke
abemyalele ngako, yonke imihla yokudhla
kwake ubomi, kupela ngomcimbi ka-Huri-
ya um-Hete. 6 Kwabekuko imfazwe pa-
kati kwo-Rehobome no-Jerobome, yonke
imihla yokudhla kwake ubomi.

7 Nesisalela semicimbi ka-Abiyame,
nako konke abekwenza, ayibàlwanga na
yona ennewadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Juda? Kwako imfa-
zwe kanjalo pakati kwo-Abiyame no-Jero-
bome. 8 Wada walala u-Abiyame noyise
bake, wancwatywa esixekweni sika-Da-
vide; waza u-Asa unyana wake wapata
ubukumkani esikundhleni sake.

9 Ngowamashumi mabini umnyaka ka-
Jerobome ukumkani wo-Sirayeli, waba
ngukumkani u-Asa pezu kwo-Juda. 10
Yabiyiminyaka engamashumi mane anam-
nye wabepata ubukumkani e-Yerusale-
me. Igama lonina belingu-Mahaka, into-
mbi ka-Abishalome. 11 Waye u-Asa esenza
okufaneleyo emehlweni KAYEHOVA, njengo-
Davide uyise. 12 Wazikwelelisa ingnawo
elizweni, wasusa zonke izitixwana ababe-
zenzile oyise bake. 13 Kanjalo no-Mahaka
unina, kwa yena wamshenxisa ukuba
angabi ngukumkanikazi, ngokokuba ebe-
lenzile idalo ku-Ashera; waza u-Asa wa-
gaula idalo lake, walitshisa ngasemlanja-
neni we-Kidrone. 14 Kodwa indawo ezi-
pakamileyo bezingasuswa: noko inkli-
ziyo ka-Asa ibikolisekile NGAKUYEHOVA
yonke imihla yake. 15 Wayezingenisa
izinto ezingcwele zoyise, nezake izinto
ezingcwele, endhlwini KAYEHOVA, isilivere,
negolide, nempahla.

16 Kwabekuko imfazwe pakati kwo-Asa
no-Bahasha ukumkani wo-Sirayeli yo-
nke imihla yabo. 17 Waza wenyuka u-
Bahasha ukumkani wo-Sirayeli ngakwa-
Juda, wayaka i-Rama, ukuze angavumeli
namnye ukupuma nokungena ku-Asa uku-
mkani wo-Juda.

18 Wandula u-Asa watabata yonke isili-
vere, negolide, ezibe zisele pakati kwen-
dyebo zendhlu KAYEHOVA nendyebo zendhlu
yokumkani, wazinikela esandhleni sezica-
ka zake; waza ukumkani u-Asa wazituma
ku-Bene-hadadi, unyana ka-Tabrimone,
unyana ka-Heziyone, ukumkani we-Siriya,
obehlala e-Damakusi, esiti: 19 Kuko uce-
bano pakati kwami nawe, *na*pakati kwoba-
wo wami noyihlo wako: bona ke, nditu-
mile kuwe ibaso, isilivere negolide; ha-
mba, wapule ucebano lwako no-Bahasha
ukumkani wo-Sirayeli, ukuba enyuke ku-
mi. 20 Wapulapula ke u-Bene-hadadi ku-
kumkani u-Asa, watuma inkosi zezimpi
abenazo ngakuzo izixeko zakwa-Sirayeli,
wabeta i-Hiyone, ne-Dane, ne-Abele-bete-
mahaka, nayo yonke i-Kinerete, kunye
nelizwe lonke lakwa-Nefatali. 21 Kwaza
kwati, nxa abevile *oku* u-Bahasha, wayeka
ukwaka i-Rama, waya wahlala e-Tiretsa.
22 Wandula ukumkani u-Asa wabiza o-
Juda bonke, (bekungeko okululekileyo,)
ukuba basuse amatye e-Rama, nemiti yayo,
abe akile ngazo u-Bahasha; waza ukumka-
ni u-Asa waka ngazo i-Geba yakwa-Benja-
mine, ne-Mitsipa.

23 Nesisalela sayo yonke imicimbi ka-
Asa, nawo onke amandhla ake, nako
konke abekwenza, nezixeko abezaka, ayi-
bàlwanga na yona ennewadini yemicimbi
yemihla ngemihla yokumkani bo-Juda?
Kodwa ngexesha lobudala bake wabenesifo
ezinnyaweni zake. 24 Wada u-Asa walala
noyise bake, wancwatywa noyise bake esi-
xekweni sika-Davide uyise; waza u-Yeho-
shafate unyana wake wapata ubukumkani
esikundhleni sake.

25 KEKALOKU u-Nadabi unyana ka-
Jerobome waba ngukumkani pezu kwo-
Sirayeli, ngowesibini umnyaka ka-Asa
ukumkani wo-Juda, wapata ubukumkani
pezu kwo-Sirayeli iminyaka yamibini.
26 Wayesenza okukohlakeleyo emehlweni
KAYEHOVA, wahamba ngendhlela yoyise,
nangesono sake abebenzile o-Sirayeli bono
ngaso.

27 Waza u-Bahasha unyana ka-Ahiya,
owendhlu ka-Yisakare, waceba ngakuye;
wasuka u-Bahasha wambeta e-Gibetone,
eyeyama-Filistiya, nxa u-Nadabi no-Sira-
yeli bonke bebevingcela i-Gibetone. 28
Kwa njalo u-Bahasha wambulala, ngom-
nyaka wesitatu ka-Asa ukumkani wo-
Juda, wapata ubukumkani esikundhleni
sake. 29 Kwaza kwati, akuba ngukumka-
ni, wabeta yonke indhlu ka-Jerobome;
akasalisa nento epefumlayo ku-Jerobome,
wada wamtshabalalisa, njengelizwi LIKA-
YEHOVA, elo wabelitetile ngesicaka sake
u-Ahiya um-Shilo: 30 ngennxa yezono



University of Fort Hare

zika-Jerobome, owonayo yena, nowenzayo
o-Sirayeli bone *nabo*, ngengcapukiso yake
owamcapukisa ngayo UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli.
31 Nesisalela semicimbi ka-Nadabi, na-
ko konke abekwenza, ayibàlwanga na yona
ennewadini yemicimbi yemihla ngemihla
yokumkani bo-Sirayeli? 32 Kwabekuko
imfazwe pakati kwo-Asa no-Bahasha
ukumkani wo-Sirayeli yonke imihla
yabo.
33 Ngomnyaka wesitatu ka-Asa uku-
mkani wo-Juda, waba ngukumkani u-
Bahasha unyana ka-Ahiya pezu kwo-Sira-
yeli bonke e-Tiretsa, *wapata ubukumkani*
iminyaka yamashumi mabini anamine.
34 Wayesenza okukohlakeleyo emehlweni
KAYEHOVA, wahamba ngendhlela ka-Jero-
bome, nangesono sake abebenzile o-Sira-
yeli bone ngaso.
16 Landula leza ilizwi LIKAYEHOVA ku-
Jehu unyana ka-Hanani ngakuyo u-
Bahasha, lisiti: 2 Ngokokuba ndikupaka-
misile elutulini, ndakwenza inkosi pezu
kwabantu bami o-Sirayeli; kanti uhambile
ngendhlela ka-Jerobome, wabenza abantu
bami o-Sirayeli bone, ukundiqumbisa nge-
zono zabo; 3 bona ke, ndiya kukukulisa
u-Bahasha, nendhlu yake; ndandiya ku-
yenza indhlu yako njengayo indhlu ka-
Jerobome unyana ka-Nebati. 4 Lowo
ka-Bahasha obubayo esixekweni, izinja
ziya kumdhla; nowake obubayo endhle,
intaka zezulu ziya kumdhla.
5 Nesisalela semicimbi ka-Bahasha, no-
ko wakwenzayo, namandhla ake, ayibàlwa-
nga na yona ennewadini yemicimbi yemi-
hla ngemihla yokumkani bo-Sirayeli? 6
Wada walala u-Bahasha noyise bake, wa-
newatywa e-Tiretsa; waza u-Ela unyana
wake wapata ubukumkani esikundhleni
sake.
7 Nakanjako leza ilizwi LIKAYEHOVA
ngesandhla sika-Jehu unyana ka-Hanani
umprofite, ngakuye u-Bahasha, nangakuyo
indhlu yake, kwa ngennxa yako konke
ukukohlakala abekwenzile emehlweni KA-
YEHOVA, ngokumqumbisa ngomsebenzi we-
zandhla zake, ngokuba njengendhlu ka-
Jerobome, nangennxa yokuba ebembu-
lele.
8 Ngomnyaka wamashumi mabini ane-
sitandatu ka-Asa ukumkani wo-Juda, waba
ngukumkani u-Ela unyana ka-Bahasha
pezu kwo-Sirayeli e-Tiretsa, *wapata ubuku-*
*mkani* iminyaka yamibini. 9 Saza saceba
ngakuye isicaka sake u-Zimri, inkosi yesi-
qingata sennqwelwana *zake*, nxa abese-
Tiretsa, ezinxilisa ngokusela endhlwini
ka-Aretsa, obepezu kwendhlu *yake* e-Tire-
tsa. 10 Wangena u-Zimri wambeta, wam-
bulala, ngomnyaka wamashumi mabini
anesixenxe ka-Asa ukumkani wo-Juda,
wapata ubukumkani esikundhleni sake.
11 Kwaye kute, akuba ngukumkani, nxa
abehleli pezu kweterone yake, wabeta
yonke indhlu ka-Bahasha; akamsalisela
namnye onobudoda, nowezalamane zake
nowezihlobo zake. 12 Kwa njalo u-Zimri
watshabalalisa yonke indhlu ka-Bahasha,
njengelizwi LIKAYEHOVA, elo wabelitetile
ngakuye u-Bahasha ngesandhla sika-Jehu
umprofite, 13 ngennxa yazo zonke izono
zika-Bahasha, nezono zika-Ela unyana
wake, abonayo ngazo, nababenzayo o-Sira-
yeli bone ngazo *nabo*, ukumqumbisa UYE-
HOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ngezinto zabo
ezingendawo.
14 Kekaloku isisalela semicimbi ka-Ela,
nako konke abekwenza, ayibàlwanga na
yona ennewadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Sirayeli?
15 Ngomnyaka wamashumi mabini ane-
sixenxe ka-Asa ukumkani wo-Juda, wapata
u-Zimri ubukumkani imihla yasixenxe e-
Tiretsa. Baye abantu beraula i-Gibetone,
eyeyama-Filistiya. 16 Kwaza kwaviwa
ngabantu ababeraula *lomzi*, kusitwa: u-
Zimri ucebile, ewe umbulele ukumkani
kanjalo; ngako bonke o-Sirayeli benza
u-Omri, inkosi yomkosi, ukumkani pezu
kwo-Sirayeli ngaleyommini emnqubeni
*apo*. 17 Waza wenyuka u-Omri e-Gibe-
tone, no-Sirayeli bonke kunye naye, baya
bavingcela i-Tiretsa. 18 Kwaye kute,
akubona u-Zimri ukuba sitinjiwe isixeko,
wandula wangena ennqatyeni yendhlu yo-
kumkani, wayitshisa pezu kwake indhlu
yokumkani ngomlilo, wabuba, 19 ngennxa
yezono zake abe onile ngazo, ngokwenza
okukohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA, ngo-
kuhamba ngendhlela ka-Jerobome, nange-
sono sake wona ngaso, ngokwenza o-Sira-
yeli bone *nabo*.
20 Nesisalela semicimbi ka-Zimri, no-
kuceba kwake owaceba ngako, ayibàlwa-
nga na yona ennewadini yemicimbi yemi-
hla ngemihla yokumkani bo-Sirayeli?
21 Oko bahluka abantu bakwa-Sirayeli
kwezibini iziqingata: esinye isiqingata



University of Fort Hare
Together in Excellence

sabantu samlandela u-Tibeni unyana ka-
Ginate, simenze ukumkani; nesinye isiqi-
ngata samlandela u-Omri. 22 Kodwa aba-
ntu ababemlandela u-Omri babeyisa abantu
ababemlandela u-Tibeni unyana ka-Ginate;
wada wafa u-Tibeni, wapata ubukumkani
u-Omri.

23 Ngomnyaka wamashumi matatu ane-
sinye ka-Asa ukumkani wo-Juda, waba
ngukumkani u-Omri pezu kwo-Sirayeli,
*wapata ubukumkani* iminyaka yalishumi
linamibini: e-Tiretsa wapata ubukumkani
iminyaka yamitandatu. 24 Waza watenga
intaba ye-Samariya ku-Shemere ngetalente
zimbini zesilivere, waka entabeni leyo,
walibiza igama lesixeko wasakayo, ngega-
ma lika-Shemere, umnini wentaba, ngokuti
yi-Samariya. 25 Waye u-Omri esenza
okukohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA;
ewe wenza okukohlakeleyo ngapezu kwabo
bonke abebepambili kuye. 26 Ngokuba
ebehamba ngayo yonke indhlela ka-Jero-
bome unyana ka-Nebati, nangesono sake
abebenzile o-Sirayeli bone ngaso, ukum-
qumbisa UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, nge-
zinto zabo ezingendawo.

27 Nesisalela semicimbi ka-Omri, oko
wakwenzayo, namandhla ake owenza nga-
wo, ayibàlwanga na yona encwadini ye-
micimbi yemihla ngemihla yokumkani bo-
Sirayeli? 28 Wada u-Omri walala noyise
bake, wancwatywa e-Samariya: waza u-
Ahabi unyana wake wapata ubukumkani
esikundhleni sake.

29 Kekaloku u-Ahabi unyana ka-Omri
waba ngukumkani pezu kwo-Sirayeli,
ngomnyaka wamashumi matatu anesibozo
ka-Asa ukumkani wo-Juda; wapata ubuku-
mkani u-Ahabi unyana ka-Omri pezu kwo-
Sirayeli e-Samariya, iminyaka yamashumi
mabini anamibini. 30 Waye u-Ahabi
unyana ka-Omri wenza okukohlakeleyo
emehlweni KAYEHOVA, ngapezu kwabo bo-
nke abebepambili kuye. 31 Kwaza kwati,
(bekuyinto encinane na ukuhamba kwake
ezonweni zika-Jerobome unyana ka-Neba-
ti?) ukuba wamzeka abe ngumfazi u-Jeze-
bele, intombi ka-Etebali ukumkani wama-
Tsidone, waya wakonza u-Bali, watoba
pambi kwake. 32 Waza wamisela u-Bali
isibingelo endhlwini ka-Bali, leyo abeya-
kile e-Samariya: 33 wawenza u-Ahabi ka-
njako umfanekiso ka-Ashera: kwa njalo
u-Ahabi wandisa ukwenza *kwake* ukuqu-
mbisa UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ngapezu
kwabo bonke okumkani bo-Sirayeli abebe-
pambili kuye.

34 Ngemihla yake u-Hiyeli, um-Betele,
wayaka i-Jeriko: ngo-Abirame owamazi-
bulo wake wayiseka, nango-Segube omnci-
nane wake wamisa ingcango zayo, njenge-
lizwi LIKAYEHOVA, owalitetayo ngo-Yoshu-
wa unyana ka-Nune.

17 WAZA u-Elija um-Tishebi, owabemi
base-Gileyadi, wati kuye u-Ahabi:
Ehleli nje UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
endimi pambi kwake, akuyi kubako
umbete nemvula leminyaka, kupela nge-
lizwi lami!

2 Landula leza ilizwi LIKAYEHOVA kuye,
lisiti: 3 Muka apa, usinge ngasempuma-
langa, uye uzimele ngasemlanjaneni we-
Kerite, opambi kwayo i-Yoredane. 4 Kwa-
kuya kuti, uya kusela kumlanjana lowo;
kanjalo ndibayalele onomyai ukuba baku-
funzele kona. 5 Wandula wemka, wenza
ngelizwi LIKAYEHOVA: ngokuba wemka
waya wahlala ngasemlanjaneni we-Kerite,
opambi kwayo i-Yoredane. 6 Baza ono-
myai bazisa kuye isonka nennyama ngo-
kusa, nesonka nennyama ngokuhlwa; wa-
sela ke kumlanjana. 7 Kwaye kute eku-
peleni kwemihla *etile*, umlanjana watsha,
ngokuba bekungabangako imvula elizwe-
ni.

8 Landula leza ilizwi LIKAYEHOVA kuye,
lisiti: 9 Suka, hamba uye e-Tsarefate,
eyeyase-Tsidone, uhlale kona; bona ke,
ndimyalele kona umfazi ongumhlolokazi
ukuba akufunzele. 10 Wesuka ke, waha-
mbela e-Tsarefate. Wati akufika esangwe-
ni lesixeko, bona ke, wayekona umhlolo-
kazi eteza inkuni; waza wabiza kuye,
wati: Kaundizekele intwana yamanzi esi-
tyeni, ndisele. 11 Esakuya ukuzeka, wa-
biza kuye, wati: Kaundizisele neqezu le-
sonka esandhleni sako. 12 Wayesiti:
Ehleli nje UYEHOVA, UTIXO wako, akuko
kumi nasonkana, kuko iqobana lomgubo
efatyeni, nentwana yeoli egutyini, kupela!
kekaloku bona ke, nditeza inkuni zimbini,
ukuba ndiye ndiwulungisele mina nonya-
na wami, ukuze siwudhle, sife nokufa.
13 Waza u-Elija wati kuye: Ungoyiki;
yiya, yenza ngelizwi lako; kodwa nde-
nzele kuwo isonkana esincinane kuqala,
usizise kumi, wandule wenzele wena no-
nyana wako kamva. 14 Ngokuba esitsho
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Ifatye



University of Fort Hare

yomgubo ayiyi kupela, negubu leoli aliyi
kusweleka, kude kube yimmini aya kunisa
imvula UYEHOVA pezu kwobuso bomhla-
ba. 15 Waza wahamba, wenza ngelizwi
lika-Elija: watya yena, naye *u-Elija*, na-
bendhlu yake, imihla *mininzi*. 16 Ifatye
yomgubo ayapela, negubu leoli alasweleka,
njengelizwi LIKAYEHOVA, owalitetayo ngo-
Elija.

17 Kwaye kute emva kwezizinto, unya-
na walomfazi, womnikazi wendhlu, wabe-
sifa; kekaloku isifo sake saba nzima ka-
ngaka, kwada akwasala kuye ummoya.
18 Waza wati ku-Elija: Ndiyinto nina
kuwe, wena 'ndoda KATIXO? uze kumi na,
ukundikumbuza ubono bami, nokumfisa
unyana wami? 19 Wayesiti kuye: Nika
kumi unyana wako. Waza wamsusa esi-
fubeni sake, wamnyusela enkambilini ya-
pezulu, apo wahlala kona, wamlalisa pezu
kwowake umandhlalo. 20 Waza wabizela
KUYEHOVA, wati: YEHOVA, TIXO wami!
kanene lomhlolokazi, endipambukele ku-
ye, umenzele ububi na, ngokumfisa unyana
wake? 21 Wandula wazolula pezu kwom-
ntwana lowo amaxesha matatu, wabizela
KUYEHOVA, wati: YEHOVA, TIXO wami!
mauti ke umpefumlo walomntwana ubuye
ungene kuye. 22 Waye UYEHOVA epula-
pula ilizwi lika-Elija; waza umpefumlo
womntwana wabuya wangena kuye, wa-
pila ke. 23 Wandula u-Elija wamtabata
umntwana, wehla naye enkambilini yape-
zulu waya endhlwini, wamnikela kunina;
wayesiti u-Elija: Kangela, unyana wako
uhleli. 24 Wayesiti umfazi ku-Elija:
Kaloku ke ndiyazi ukuba uyindoda KATIXO
wena, nokuba ilizwi LIKAYEHOVA emlonye-
ni wako liyinnyaniso.

18 KWAYE kute *emva* kwemihla emini-
nzi, landula ilizwi LIKAYEHOVA leza
ku-Elija ngomnyaka wesitatu, lisiti: Ha-
mba, uzibonakalise ku-Ahabi; ngokuba
ndiya kunisa imvula pezu kwobuso
bomhlaba. 2 Wasuka wahamba u-Elija
ukuya kuzibonakalisa ku-Ahabi.

Kekaloku indhlala ibinzima e-Samariya.
3 Wada u-Ahabi wambiza u-Hobadiya,
obepezu kwendhlu *yake*. (Wati u-Hoba-
diya wamoyika UYEHOVA kakulu: 4 ngo-
kuba bekute, akuba u-Jezebele ebenqamla
abaprofite BAKAYEHOVA, wandula u-Hoba-
diya watabata abaprofite balikulu, wabafi-
hla ngamashumi mahlanu emqolombeni,
wabafunzela ngesonka nangamanzi.) 5 Wa-
yesiti u-Ahabi ku-Hobadiya: Hamba eli-
zweni, uye kuyo yonke imitombo yamanzi,
nakuyo yonke imilambo; kungati siya
kufumana innca, ukuba silondoloze ama-
hashe namaqwarara ehleli, singanqamke-
lwa zizilo. 6 Baza balaba ilizwe pakati
kwabo, ukuba bacande kulo: u-Ahabi
wahamba ngennye indhlela eyedwa, no-
Hobadiya wahamba ngennye indhlela eye-
dwa.

7 Kekaloku nxa u-Hobadiya abesendhle-
leni, bona ke, u-Elija wahlangana naye;
waza wamazi, wawa ebusweni bake, wati:
Nguwe na le inkosi yami u-Elija? 8 Wa-
yesiti kuye: Ndimi; hamba, uti kwinkosi
yako: Nanku u-Elija. 9 Kodwa wati:
Ndonile nganto nina, ukuba uya kunikela
isicaka sako esandhleni sika-Ahabi, uku-
ndibulala? 10 Ehleli nje UYEHOVA, UTIXO
wako, akuko isizwe nobukumkani, apo
inkosi yami ingatumelanga kona, ukuba
akufune! naxeshekweni kwatiwa: Akako
*apa*; wandula wafungisa obobukumkani
nesosizwe, ukuba abakufumananga. 11
Nakaloku uti wena: Hamba, uti kwinkosi
yako: Nanku u-Elija. 12 Kwakuya kuti,
nxa ndimkile kuwe, umoya KAYEHOVA wo-
kutwalela apo endingaziyo; naxeshekweni
ndizayo ukumxelela u-Ahabi, kanti aka-
ngekufumane, uya kwandula andibulale:
kodwa mina 'sicaka sako, ndimoyikile UYE-
HOVA kwa sebutsheni bami. 13 Akuxele-
lwanga inkosi yami na, oko ndakwenzayo
nxa u-Jezebele wabulala abaprofite BAKA-
YEHOVA, ukuba ndawafihla amadoda aliku-
lu kubaprofite BAKAYEHOVA ngamashumi
mahlanu emqolombeni, ndawafunzela nge-
sonka nangamanzi? 14 Nakaloku uti we-
na: Hamba, uti kwinkosi yako: Nanku
u-Elija; waeya kundibulala. 15 Waza
wati u-Elija: Ehleli nje UYEHOVA wemi-
kosi, endimi pambi kwake, ngennyaniso
ndiya kuzibonakalisa namhla kuye!

16 Wasuka wahamba u-Hobadiya ukuya
kumkaulela u-Ahabi, wamxelela; waza u-
Ahabi waya ukumkaulela u-Elija. 17
Kwabekute, nxa u-Ahabi abembona u-
Elija, wandula u-Ahabi wati kuye: Ngu-
we na lo okatazayo o-Sirayeli? 18 Waye-
siti: Andikatazile o-Sirayeli mina; nguwe,
nendhlu kayihlo, ngokokuba niyishiyile
imiyalelo KAYEHOVA, nokuba ulandele o-
Bali. 19 Ngako kaloku, tuma, uhlangani-
sele kumi o-Sirayeli bonke entabeni ye-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Karamele, nabaprofite baka-Bali bengama-
kulu mane anamashumi mahlanu, nabapro-
fite baka-Ashera bengamakulu mane, aba-
dhlayo esitebeni sika-Jezebele. 20 Waza
watuma u-Ahabi pakati kwalo lonke usapo
luka-Sirayeli, wabahlanganisa abaprofite
abo entabeni ye-Karamele.

21 Wandula u-Elija wasondela kubo
bonke abantu, wati: Kwoda kube ninina
nipala pakati kwezizindhlo zibini? ukuba
NGUYEHOVA ONGUTIXO, mlandeleni yena;
kodwa ukuba ngu-Bali, mlandeleni yena.
Koko abantu bebengampenduli nazwi 'nye.
22 Walekela u-Elija wati ebantwini:
Ndisele mina umprofite KAYEHOVA nde-
dwa; kanti abaprofite baka-Bali bangama-
doda angamakulu mane anamashumi ma-
hlanu. 23 Makekunikwe kuti inkunzana
zibe mbini; mabati bona bazinyulele inku-
nzana ibe 'nnye, bayihlahle, bayibeke pezu
kwenkuni, kodwa umlilo mabangawufaki;
nami ndiya kulungisa ennye inkunzana,
ndiyibeke pezu kwenkuni, kodwa umlilo
andiyi kuwufaka: 24 nize nibize ngegama
lotixo wenu, ndandiya kubiza mina ngega-
ma LIKAYEHOVA; notixo lowo oya kupe-
ndula ngomlilo, makabe nguye ONGUTIXO.
Bapendula bonke abantu, bati: Lilungile
ilizwi elo.

25 Waza wati u-Elija kubaprofite baka-
Bali: Zinyuleleni inkunzana ibe 'nnye,
niyilungise ukuqala, ngokuba nina niba-
ninzi; nize nibize ngegama lotixo wenu,
kodwa umlilo ningawufaki. 26 Baza ba-
tabata inkunzana ebinikwa kubo, bayilu-
ngisa, babiza ngegama lika-Bali kwa seku-
seni kwada kwasemmini enkulu, besiti:
Bali, sipendule! Kodwa bekungeko ilizwi,
bekungeko nopendulayo. Bati kanjalo
baxantsa ngasesibingelweni esibe senziwe.

27 Kwaye kute emmini enkulu, wandu-
la u-Elija wabahleka, wati: Bizani ngeli-
zwi elikulu; ngokuba engutixo yena:
kungaba uyancokola, umhlaumbi uye nga-
sese, umhlaumbi useluhambeni; ngati
ulele ubutongo, ufanel' ukuvuswa. 28 Ba-
za babiza ngelizwi elikulu, baziqapula
njengesiko labo ngamarele nangentshu-
ntshe, kwada kwapalaka igazi pezu kwabo.
29 Kwabekute, uxa immini enkulu sei-
dhlulile, baprofitesha kwada kwaza kuni-
kelwa ngomnikelo wokudhla; kodwa be-
kungeko ilizwi, bekungeko nompenduli,
bekungeko nokupulapula.

30 Wandula wati u-Elija kubo bonke
abantu: Sondelani kumi. Basuka bonke
abantu basondela kuye. Waza walungisa
isibingelo SIKAYEHOVA esibe sicitekile. 31
Watabata u-Elija amatye alishumi linama-
bini, njengenani lezizwe zonyana baka-
Yakobi, lowo ilizwi LIKAYEHOVA leza kuye,
lisiti: Igama lako loba ngu-Sirayeli; 32
wasaka ngamatye lawo isibingelo egameni
LIKAYEHOVA; nangokuti ngqonga isibinge-
lo wawenza umsele, obulingana nendawo
yeziinganiso zibini zembewu. 33 Waza
wazicwangcisa inkuni, wayihlahla inku-
nzana, wayibeka pezu kwenkuni, 34 wati:
Zalisani imipanda ibe mine ngamanzi, ni-
wagalele pezu kwedini lokutshiswa, nape-
zu kwenkuni. Wati kanjako: Yenza ngo-
kwesibini. Baye besenza ngokwesibini
ke. Walekela wati: Yenza ngokwesitatu.
Baye besenža nangokwesitatu. 35 Aza
amanzi abaleka ngokuti ngqonga isibinge-
lo; kanjalo nomsele wawuzalisa ngamanzi.

36 Kwaye kute, nxa kunikelwa ngom-
nikelo wokudhla, wandula wasondela u-
Elija umprofite, wati: YEHOVA, TIXO ka-
Abrahame, ka-Yisake, noka-Sirayeli! ma-
kwaziwe namhla ukuba wena UNGUTIXO
kwa-Sirayeli, nokuba mina ndisisicaka
sako, nokuba ndizenzile zonke ezizinto nge-
lizwi lako. 37 Ndipendule, YEHOVA! ndipe-
ndule, baze bakwazi abantu aba okokuba
wena 'YEHOVA unguye UTIXO, nokuba uso-
ngile inkliziyo yabo ngomva. 38 Wandul'
ukuwa umlilo KAYEHOVA, wadhla idini lo-
kutshiswa, nenkuni, namatye, notuli; na-
manzi abesemseleni wawakotulula.

39 Bati bakubona bonke abantu, bawa
ngobuso babo; baye besiti: NGUYEHOVA
ONGUTIXO! NGUYEHOVA ONGUTIXO! 40 Waza
wati u-Elija kubo: Bambani abaprofite
baka-Bali; makangasindi namnye kubo.
Bababamba ke: waza u-Elija wabahlisela
emlanjeni we-Kishone, wababulala kona
apo.

41 Wandula wati u-Elija ku-Ahabi:
Nyuka, yidhla usele nokusela; ngokuba
kuko isandi sengxokolo yemvula. 42 Wa-
selenyuka u-Ahabi ukuya ukudhla noku-
sela; kodwa u-Elija wenyukela engcopo
ye-Karamele, wazitoba pantsi ngasemhla-
beni, wabeka ubuso bake pakati kwamado-
lo ake, 43 wati kwisicaka sake: Zunyuke,
ukangele ngaselwandhle. Senyuka ke,
sakangela, sati: Akuko 'nto. Waza wati:
Buya uye amaxesha abe sixenxe. 44 Kwa-
ye kute ngelesixenxe ixesha, sati: Nali



University of Fort Hare

ilifu elincinane, njengesandhla somntu,
liti tyi elwandhle. Wayesiti: Nyuka, uti
ku-Ahabi: Bopa, uhle ke, ukuba imvula
ingakutinti. 45 Kwabekute pakati kwoko,
izulu laba mnyama ngamafu nangummoya,
yaza yabako imvula enkulu. Wakwela ke
u-Ahabi, waya e-Yezerele. 46 Saye isa-
ndhla SIKAYEHOVA sibe sipezu kwo-Elija,
owabinqa isinqe sake, wabaleka pambi
kwo-Ahabi, kwada kwangenwa e-Yeze-
rele.

19 WAZA u-Ahabi wamxelela u-Jezebe-
le konke abekwenzile u-Elija, nabo
bonke abebabulele, bonke abaprofite abo,
ngerele. 2 Wandula u-Jezebele watuma
isigidimi ku-Elija, esiti: Mabenje njalo
otixo *kumi*, balekele ukwenje njalo, ukuba
andenzi ubomi bako njengobomi bomnye
kubo malunga nelixesha langomso! 3 Wati
akubona *oko*, wesuka, wahambela ubomi
bake, weza e-Beresheba, eyeyakwa-Juda,
wasishiya isicaka sake kona.
4 Kodwa wahamba yena enklango iha-
mbo yammini 'nnye, weza wahlala ngapa-
ntsi kwomti weroteme; waza wazicelela
ukuba makafe, wati: Kwanele; kaloku,
YEHOVA! susa ubomi bami; ngokuba ndi-
ngalungile mina pezu kwobawo bami.
5 Wati akuba ebete butu, elele ubutongo
ngapantsi kwawo umti weroteme, bona ke,
yandula yampata ingelosi, yati kuye:
Vuka, utye. 6 Waza wakangela, kekaloku
nasi ngasenklokweni yake isonkana sojiwe
pezu kwamatye ashushu, negubu lamanzi:
watya ke, wasela nokusela, wabuya walala
pantsi. 7 Yabuya ke ingelosi KAYEHOVA
ngokwesibini, yampata, yati: Vuka, utye;
ngokuba ihambo inkulu kuwe. 8 Waza
wavuka, wadhla wasela nokusela, waha-
mba ngamandhla okokutya, immini zama-
shumi mane nobusuku bamashumi mane,
ukuya entabeni KATIXO, e-Horebe.
9 Wada wafika kona emqolombeni, wa-
lalisa apo; kekaloku bona ke, ilizwi LIKA-
YEHOVA *leza* kuye, lati kuye: Wenza 'nto
nina apa, Elija? 10 Wayesiti: Bendine-
kwele kakulu ngennxa KAYEHOVA, UTIXO
wemikosi; ngokuba usapo luka-Sirayeli
lushiyile ucebano lwako, izibingelo zako
luzicitile, nabaprofite bako lubabulele nge-
rele; sendisele mina ndedwa, nobomi ba-
mi luyabufuna, ukuba lubususe. 11 Wati
ke: Puma, ume entabeni pambi KWOYEHO-
VA. Kekaloku bona ke, UYEHOVA wadhlula,
wati ummoya omkulu onamandhla wazira-
zula intaba, waqekeza namawa, pambi
KWOYEHOVA; ebengeko emmoyeni UYEHO-
VA: nasemva kwommoya *bekuko* isingca-
ngcazelo somhlaba; ebengeko esingca-
ngcazelweni somhlaba UYEHOVA: 12 na-
semva kwesingcangcazelo somhlaba *beku-*
*ko* umlilo; ebengeko emlilweni UYEHOVA:
nasemva kwomlilo *bekuko* ilizwi elizolileyo
elincinane. 13 Kwaza kwati, akuva *lona*
u-Elija, wagqubutela ubuso bake ngengu-
bo yake, wapuma, wema emnyango wom-
qolomba. Kekaloku bona ke, *kweza* kuye
ilizwi, elati: Wenza 'nto nina apa, Elija?
14 Wayesiti: Bendinekwele kakulu ngen-
nxa KAYEHOVA, UTIXO wemikosi: ngokuba
usapo luka-Sirayeli lushiyile ucebano lwa-
ko, izibingelo zako luzicitile, nabaprofite
bako lubabulele ngerele; sendisele mina
ndedwa, nobomi bami luyabufuna, ukuba
lubususe. 15 Wati UYEHOVA kuye: Ha-
mba, buya ngendhlela yako ukuya enkla-
ngo yase-Damakusi; uti wakufika, uta-
mbise u-Hazayeli abe ngukumkani pezu
kwe-Siriya; 16 no-Jehu unyana ka-Nimshi
uya kumtambisa abe ngukumkani pezu
kwo-Sirayeli; no-Elisha unyana ka-Shafa-
te, owase-Abele-mehola, uya kumtambisa
abe ngumprofite esikundhleni sako. 17
Kwaye kuya kuti, osindayo ereleni lika-
Hazayeli, lowo u-Jehu uya kumfisa; nosi-
ndayo ereleni lika-Jehu, lowo u-Elisha
uya kumfisa. 18 Noko ndisalisile kwa-
Sirayeli amawaka asixenxe, onke amadolo
angaguqileyo ku-Bali, nayo yonke imilomo
engamanganga.
19 Wasuka wemka apo, wamfumana u-
Elisha unyana ka-Shafate, obepulusha nge-
zibini *zenkabi* zilishumi linesibini pambi
kwake, waye yena eneseshumi linesibini;
waza u-Elija wamdhlula, waposa ingubo
yake pezu kwake. 20 Waseleshiya inka-
bi, wabaleka emva kwo-Elija, wati: Mako-
ndange ubawo nomá, ndandule ukulandela
wena. Wayesiti kuye: Hamba, buya;
ngokuba kuyinto nina endiyenzileyo ku-
we? 21 Waza wabuya kuye, watabata
isibini senkabi, wazibinga, wapeka innya-
ma yazo ngempahla zenkabi, wanika eba-
ntwini, baza badhla. Wandula wesuka,
wamlandela u-Elija, wamkonza.

20 KEKALOKU u-Bene-hadadi uku-
mkani we-Siriya wahlanganisa yonke
impi yake; kwaye kuko naye okumkani



University of Fort Hare

bangamashumi matatu anababini, namaha-
she, nennqwelwana; wenyuka ke, wavi-
ngcela i-Samariya, walwa ngakuyo. 2 Wa-
za watuma izigidimi ku-Ahabi ukumkani
wo-Sirayeli, esixekweni, 3 wati kuye:
Utsho u-Bene-hadadi ukuti: Isilivere yako
negolide yako yeyami; kanjalo abafazi
bako nabantwana bako, abo bahle, bona
bangabami. 4 Wapendula ukumkani wo-
Sirayeli, wati: Njengelizwi lako, nkosi
yami, kumkani! ndingowako, kwa nako
konke endinako.

5 Zaye zisiza kanjako izigidimi, zati:
Utsho u-Bene-hadadi, esiti: Nakuba ndi-
tumile kuwe, ukuti: Uya kundinika isili-
vere yako, negolide yako, nabafazi bako,
nabantwana bako; 6 ndoti noko malunga
nelixesha langomso nditume izicaka
zami kuwe, ukuba zipande indhlu yako,
nezindhlu zezicaka zako; kwakuya kuti,
konke okunqwenelekileyo emehlweni ako
zokubeka ezandhleni zazo, zikususe. 7
Wandula ukumkani wo-Sirayeli wabiza
bonke abadala belizwe, wati: Gqalani ke,
nibone ukuba lo uyafuna ububi; ngokuba
ebetuma kumi, *etum*ela abafazi bami, na-
bantwana bami, nesilivere yami, negolide
yami, ndaye ndingamalanga. 8 Baza
bonke abadala nabo bonke abantu bati
kuye: Ungapulapuli, ungavumi nokuvu-
ma. 9 Ngako wati kuzo izigidimi zika-
Bene-hadadi: Yitini kuyo inkosi yami
ukumkani: Konke ubukutumela kwisicaka
sako ekuqaleni ndiya kukwenza; kodwa
lento andingeyenze. Zaselezimka izigidi-
mi, zabuya zeza kuye nempendulo.

10 Wayetuma u-Bene-hadadi kuye, wati:
Mabenje njalo kumi otixo, balekele ukwe-
nje njalo, ukuba utuli lwase-Samariya luya
kwanela bonke abantu abasezinnyaweni
zami babe nezandhla zizele *lulo!* 11 Wa-
pendula ukumkani wo-Sirayeli, wati:
Tetani, *nisiti:* Makangaziqayisi obinqayo
njengotukululayo. 12 Kwaye kute, akuva
ilizwi eli, nxa abesela, yena nokumkani
abo, ezintenteni, wandul' ukuti kwizicaka
zake: Lungani! Zaza zalunga ngakuso
isixeko.

13 Kekaloku bona ke, umprofite otile
wasondela ku-Ahabi ukumkani wo-Siraye-
li, wati: Utsho UYEHOVA ukuti: Ubonile
na sonke esisihlwele sikulu? bona ke,
ndiya kusinikela esandhleni sako namhla;
wauya kukwazi okokuba mina ndiNGUYEHO-
VA. 14 Wati u-Ahabi: Ngobanina? Wa-
yesiti: Utsho UYEHOVA ukuti: Ngabafana
benkosi zamazwana. Waza wati: Ngu-
banina oya kuqala ukulwa? Wayesiti:
Nguwe.

15 Wandula wabala abafana benkosi
zamazwana, ababengamakulu mabini ana-
mashumi matatu anababini: nasemva kwa-
bo wabala bonke abantu, lwonke usapo
luka-Sirayeli, amawaka asixenxe. 16 Baye
bepuma emmini enkulu. Koko u-Bene-
hadadi ebezinxilisa ngokusela ezintenteni,
yena nokumkani abo, okumkani abamashu-
mi matatu anababini abamncedayo. 17
Baye bepuma abafana benkosi zamazwana
ukuqala; waza u-Bene-hadadi watuma
*abantu*, abashumayela kuye ngokuti: Ama-
doda apumile e-Samariya. 18 Wayesiti:
Nokuba apumele uxolo, wabambeni ehleli;
nokuba apumele ukulwa, wabambeni e-
hleli. 19 Kwa njalo aba bapuma esixe-
kweni, abafana benkosi zamazwana, nempi
ebibalandela. 20 Basuka babulala abanye
ngabanye indoda yabo; aza ama-Siriya
esaba, bati o-Sirayeli bawaputuma: kodwa
wasinda u-Bene-hadadi ukumkani we-Siri-
ya pezu kwehashe, kunye *nabanye* aba-
kweli bamahashe. 21 Waza wapuma uku-
mkani wo-Sirayeli, wabeta amahashe nen-
nqwelwana, wabulala ama-Siriya ngesibu-
lalo esikulu.

22 Wandula umprofite lowo wasondela
kukumkani wo-Sirayeli, wati kuye: Ha-
mba, uzomeleze; uze ugqale, uboue oko
uya kukwenza: ngokuba ekutwaseni
kwomnyaka ukumkani we-Siriya eya ku-
nyuka ngakuwe.

23 Zaza izicaka zokumkani we-Siriya
zati kuye: Ngotixo bentaba otixo babo;
kungoko bebenamandhla pezu kwetu; ko-
dwa ukuba silwa nabo etafeni, ngennya-
niso siya kuba namandhla pezu kwabo.
24 Ngako yenza lento: Basuse okumkani,
abanye ngabanye endaweni yabo, uzibeko
inkosi ezikundhleni zabo: 25 uti kanjalo
uzibalele impi enjengempi ekulahlekileyo,
namahashe njengamahashe *ayo*, nennqwe-
lwana njengennqwelwana *zayo*, sasiya ku-
lwa nabo etafeni; ngennyaniso siya kuba
namandhla pezu kwabo. Waza wapulapula
elizwini lazo, wenje njalo ke.

26 Kwaye kute ekutwaseni kwomnyaka,
wandula u-Bene-hadadi wabala ama-Siriya,
wenyukela e-Afeki, ukuya kulwa no-Sira-
yeli. 27 Lwabalwa usapo luka-Sirayeli
nalo, lwamkeliswa umpako, lwaya ngaku-



University of Fort Hare

wo: lwaza usapo luka-Sirayeli lwati waca
pambi kwawo, njengemihlambi mibini
emincinane yebokwe; kanti ama-Siriya
alizalisa ilizwe.
28 Kwandula kwasondela indoda KA-
TIXO, yateta kukumkani wo-Sirayeli, yati:
Utsho UYEHOVA ukuti: Ngokokuba ama-
Siriya ete: UYEHOVA UNGUTIXO wentaba,
kodwa akaNGUTIXO wemihlambo; ngako
ndiya kunikela sonke esisihlwele sikulu
esandhleni sako, naniya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA.
29 Kekaloku bati waca aba malungana
nabaya intsuku zasixenxe. Kwaye kute
ngosuku lwesixenxe, kwahlanganiswa u-
kulwa; lwaza usapo luka-Sirayeli lwabu-
lala kuma-Siriya ikulu lamawaka amadoda
ahamba ngennyawo ngamini 'nnye. 30
Ati aseleyo esabela e-Afeki, esixekweni;
kwaza kwawa udonga pezu kwamawaka
angamashumi mabini anesixenxe amadoda
aseleyo. Wesaba u-Bene-hadadi naye,
wangena esixekweni, enkambilini yapa-
kati. 31 Zandula zati izicaka zake kuye:
Bona ke, sivile ukuba okumkani bendhlu
ka-Sirayeli bangokumkani bobubele: ma-
kesibeke inklakanklaka ezinqeni zetu, nen-
tambo ezinklokweni zetu, sipumele kuye
ukumkani wo-Sirayeli; kungaba uya kulo-
ndoloza ubomi bako. 32 Zaza zabinqa
ngenklakanklaka ezinqeni zazo, *zafaka* nen-
tambo ezinklokweni zazo, zeza kuye uku-
mkani wo-Sirayeli, zati: Siti isicaka sako
u-Bene-hadadi: Makendibudhle ubomi ke.
Wayesiti: Usahleli na? ngumzalwana wa-
mi yena. 33 Kekaloku amadoda lawo
angqala *lomazwi*, anxama ukuwaqinisa, uku-
ba avela kuye na, ati: Umzalwana wako
u-Bene-hadadi. Waza wati: Yiyani, mzi-
seni. Wandula u-Bene-hadadi wapumela
kuye; waza wamkwelisa ennqwelwaneni.
34 Wayesiti *u-Bene-hadadi* kuye: Izixeko,
ezo ubawo wami wazisusa kuyihlo wako,
ndozibuyisa, wauya kuzenzela izitarate e-
Damakusi, njengokuba ubawo wenje njalo
e-Samariya. Nami, *watsho u-Ahabi*, ndiya
kukundulula ngocebano olo. Waza walwe-
nza ucebano naye, wamndulula.
35 Kekaloku indoda etile kubo onyana
babaprofite yati kummelwane wayo, ngeli-
zwi LIKAYEHOVA: Zundibete. Kodwa indo-
da leyo yala ukuyibeta. 36 Yaza yati
kuyo: Ngennxa yokuba ungapulapulanga
ilizwi LIKAYEHOVA, bona ke, nxa umkile
kumi, ingonyama yokubulala. Yati yaku-
ba imkile, kuyo, ingonyama yafumanana
nayo, yayibulala. 37 Yandula yayifumana
ennye indoda, yati: Zundibete. Yayibeta
ke indoda leyo, yayenzela inxeba ekubete-
ni *kwayo*. 38 Waza wemka umprofite lowo,
wamlinda ukumkani endhleleni, wazenza
ngakumbi ngesiqoqa pezu kwamehlo ake.
39 Kwaye kute, akudhlula ukumkani,
wandula wakala kukumkani wati: Isicaka
sako sapumela pakati kwokulwa; kekaloku
bona ke, indoda yapambuka, yayizisa kumi
*ennye* indoda, yati: Gcina indoda le; uku-
ba ika ibe ingabiko, buya kwandula ubomi
bako bube sesikundhleni sobomi bayo,
umhlaumbi uya kukupa italente yesilivere.
40 Kwaza kwati, nxa isicaka sako sibe
sisebenza apa napaya, kekaloku ibingeko.
Waye ukumkani wo-Sirayeli esiti ku-
ye: Kwoba njalo ukugwetywa kwako;
wabile ngokwako. 41 Wandul' ukunxama
ke, wasusa isiqoqa emehlweni ake; waza
ukumkani wo-Sirayeli wamnakana ukuba
ungowabaprofite. 42 Wayesiti kuye: U-
tsho UYEHOVA ukuti: Ngokokuba uyindu-
lule indoda endayilahlela ekutshatyalali-
sweni esandhleni *sako*, ngako ubomi bako
boba sesikundhleni sobomi bayo, nabantu
bako *boba* sesikundhleni sabantu bayo.
43 Wasuka ukumkani wo-Sirayeli waya
endhlwini yake, ete shwa, equmbile noku-
qumba, weza e-Samariya.

21 KWAYE kute emveni kwezizinto, u-
Nabote um-Yezerele wabenomyezo,
obuse-Yezerele, kufupi noxande luka-Ahabi
ukumkani we-Samariya. 2 Wandula wa-
teta u-Ahabi ku-Nabote, esiti: Ndinike
umyezo wako, ukuba ube sisitiya sami se-
mifuno, ngokuba wona ukufupi nendhlu
yami; ndandiya kunika wena esikundhle-
ni sawo umyezo olungileyo pezu kwawo;
*okanye*, ukuba kulungile emehlweni ako,
ndokunika imali yexabiso lawo. 3 Kodwa
u-Nabote wati ku-Ahabi: Ubunzima ma-
bube kumi buvela KUYEHOVA, ukuba ndiya-
nika ilifa lobawo bami kuwe!
4 Waza u-Ahabi wangena endhlwini
yake, ete shwa, equmbile nokuqumba,
ngennxa yelizwi abelitetile kuye u-Nabote
um-Yezerele; ngokuba ebete: Andiyi ku-
nika kuwe ilifa lobawo bami. Waya wa-
lala pantsi pezu kwomandhlalo wake, wa-
songa ubuso bake, engadhlanga isonka.
5 Wandula weza kuye u-Jezebele umfazi
wake, wateta kuye, *esiti:* Kunganina lento



University of Fort Hare
Together in Excellence

ummoya wako ulusizi, nokuba ungadhla-
nga isonka? 6 Wayeteta kuye, *esiti:*
Ngokokuba benditeta ku-Nabote um-Yeze-
rele, ndati kuye: Ndinike umyezo wako
ngemali; okanye, ukuba uyatanda, ndoku-
nika *omnye* umyezo esikundhleni sawo:
koko wati: Andiyi kunika kuwe umyezo
wami. 7 Waza u-Jezebele umfazi wake
wati kuye: Kanene wena uyapata kaloku
ubukumkani pezu kwo-Sirayeli na? vuka,
yidhla isonka, iti inkliziyo yako icwayite;
mina ndiya kunika kuwe umyezo ka-
Nabote um-Yezerele. 8 Wandula wabàla
innewadi egameni lika-Ahabi, wazincama-
tisela ngesincamatiselo sake, wazituma
innewadi kubadala nakumaduna ababesesi-
xekweni sake, behlala no-Nabote. 9 Wa-
yebàla ezinnewadini ezo, esiti: Shumaye-
lani inzilo, ummise u-Nabote pezulu pambi
kwabantu; 10 nize nimise amadoda abe
mabini, usapo lwobungingingini, emalunga-
na naye, ukuba anqìne ngakuye, esiti:
Ugxekile UTIXO nokumkani; nandule ni-
pume naye, nimgibisele ngamatye, ade
afe.
11 Aza enza amadoda esixeko sake, aba-
dala namaduna ababehlala esixekweni
sake, njengokuba u-Jezebele ebetumile
kuwo; njengokuba bekubàliwe ezinnewa-
dini abezitumile kuwo. 12 Ashumayela
inzilo, ammisa u-Nabote pezulu pambi
kwabantu. 13 Kwaye kusiza amadoda
amabini, usapo lwobungingingini, ahlala
malungana naye; aza anqìna ngakuye lo-
madoda obungingingini, ngakuye u-Nabote,
ebusweni babantu, esiti: u-Nabote ugxe-
kile UTIXO nokumkani. Baza bampumisela
ngapandhle kwesixeko, bamgibisela nga-
matye, wada wafa. 14 Baza batuma ku-
Jezebele, besiti: u-Nabote ugityiselwe
ngamatye, ufile nokufa.
15 Kwaye kute, akuva u-Jezebele oko-
kuba u-Nabote ugityiselwe ngamatye, no-
kuba ufile, wandula wati u-Jezebele ku-
Ahabi: Suka, bamba umyezo ka-Nabote
um-Yezerele, lowo walayo ukuwunika ku-
we ngemali; ngokuba u-Nabote engasa-
hleli, seefile. 16 Kwaza kwati, akuva u-
Ahabi ukuba u-Nabote ufile, wesuka u-
Ahabi ukuya kuhlela emyezweni ka-
Nabote um-Yezerele, ukuwubamba.
17 Kwandul' ukuza ilizwi LIKAYEHOVA
ku-Elija um-Tishebi, lisiti: 18 Suka, yihla
ukuya kumkaulela u-Ahabi ukumkani wo-
Sirayeli, ose-Samariya; nankuya emye-
zweni ka-Nabote, apo ahlele kona ukuwu-
bamba. 19 Wauya kuteta kuye, usiti:
Utsho UYEHOVA ukuti: Ubulele na, wau-
bambile kanjalo na? Wauya kuteta kuye,
usiti: Utsho UYEHOVA ukuti: Endaweni
apo izinja zibe zikota igazi lika-Nabote
kona, izinja ziya kukota igazi lako, ewe
elako.
20 Waza u-Ahabi wati ku-Elija: Undi-
fumene na, lutshaba lwami? Wayesiti:
Ndi*ku*fumene! ngennxa yokuba uzitengi-
sele ukwenza okukohlakeleyo emehlweni
KAYEHOVA. 21 Bona ke, ndiya kuzisa u-
bubi pezu kwako, ndikukukulise; ndandi-
ya kunqamlela u-Ahabi lowo unobudoda,
nalowo uvaliweyo nalowo ukululekileyo,
kwa-Sirayeli; 22 nendhlu yako ndiya
kuyenza njengendhlu ka-Jerobome unyana
ka-Nebati, nanjengendhlu ka-Bahasha
unyana ka-Ahiya, ngennxa yengcapukiso
*undi*capukisile ngayo, nokuba ubenzile o-
Sirayeli bone. 23 Kanjalo nango-Jezebele
wateta UYEHOVA, esiti: Izinja ziya kudhla
u-Jezebele ngaseludongeni lwapandhle
lwe-Yezerele. 24 Lowo ka-Ahabi obubayo
esixekweni izinja ziya kumdhla; nalowo
obubayo endhle intaka zezulu ziya kum-
dhla.
25 (Kodwa bekungeko namnye njengo-
Ahabi, obezitengisele ukwenza okukohla-
keleyo emehlweni KAYEHOVA, owati u-Jeze-
bele umfazi wake wamtelekisa. 26 Wa-
yesenza kakubi kakulu ngokulandela iziti-
xwana, njengako konke ababekwenzile
aba-Amori, abo UYEHOVA wabagqogqa pa-
mbi kwosapo luka-Sirayeli.)
27 Kwaza kwati, akuva u-Ahabi lama-
zwi, warazula izivato zake, wafaka inkla-
kanklaka ennyameni yako, wazila ukutya,
walala ngenklakanklaka, wahamba kaku-
hle. 28 Landula leza ilizwi LIKAYEHOVA
ku-Elija um-Tishebi, lisiti: 29 Uyabona
na ukuba u-Ahabi uyazigoba pambi kwa-
mi? ngokokuba uyazigoba pambi kwami,
andiyi kuzisa ububi obo emihleni yake;
emihleni yonyana wake ndiya kuzisa ububi
obo pezu kwendhlu yake.

22 KWAYE kuhleliwe iminyaka mitatu,
kungeko imfazwe pakati kwama-Siriya
no-Sirayeli. 2 Kwaza kwati ngomnyaka
wesitatu, wehla u-Yehoshafate ukumkani
wo-Juda ukuya kukumkani wo-Sirayeli.
3 Wada wati ukumkani wo-Sirayeli ezica-
keni zake: Anazi na ukuba i-Ramote yaso-



University of Fort Hare

Gileyadi yeyetu? kanti tina siti tu, singa-
yibambi esandhleni sokumkani we-Siriya.
4 Wati nakuye u-Yehoshafate: Uya kuha-
mba na nami ukulwa e-Ramote yase-Gile-
yadi? Waye u-Yehoshafate esiti kukumka-
ni wo-Sirayeli: Njengokuba unjalo wena,
ndinjalo mina; njengokuba benjalo abantu
bako, banjalo abantu bami; njengokuba
enjalo amahashe ako, anjalo amahashe
ami.
5 Walekela u-Yehoshafate wati kuku-
mkani wo-Sirayeli: Kaubuze ke namhla
elizwini LIKAYEHOVA. 6 Wandula ukumka-
ni wo-Sirayeli wahlanganisa abaprofite,
ngati ngamadoda amakulu mane, wati ku-
bo: Ndiya kuya ngase-Ramote yase-Gile-
yadi ukulwa, ndiya kuyeka, kusinina?
Bati: Nyuka; ngokuba INKOSI iya kuyini-
kela esandhleni sokumkani.
7 Wati kodwa u-Yehoshafate: Akuseko
na apa umprofite KAYEHOVA, ukuba sibuze
ngaye? 8 Waza ukumkani wo-Sirayeli
wati ku-Yehoshafate: Kuseko indoda in-
nye, ekungabuzwayo KUYEHOVA ngayo, ko-
dwa ndiyayitiya, ngokuba ingaprofiteshi
ngami okulungileyo, koko *iprofitesha* oku-
bi; ngu-Mikaya unyana ka-Yimla. Waye-
siti u-Yehoshafate: Makangatsho njalo
ukumkani!
9 Wandula ukumkani wo-Sirayeli wam-
biza umbusi, wati: Nxama umzise u-
Mikaya unyana ka-Yimla. 10 Kekaloku
ukumkani wo-Sirayeli, no-Yehoshafate
ukumkani wo-Juda, bahlala omnye nomnye
pezu kweterone yake, bevatisiwe ngeziva-
to *zobukumkani*, enkundhleni ngasemnya-
ngo wesango le-Samariya; bati abaprofite
bonke baprofitesha ebusweni babo. 11 Ka-
njalo u-Zedekiya unyana ka-Kenana ebe-
zenzele impondo zesincete; waza wati:
Utsho UYEHOVA ukuti: Ngazo ezi uya ku-
nquba ama-Siriya ude uwagqibele. 12 Be-
nje njalo nabaprofite bonke ukuprofitesha,
besiti: Nyuka uye e-Ramote yase-Gileya-
di, utamsanqeleke; ngokuba UYEHOVA eya
kuyinikela esandhleni sokumkani.
13 Kekaloku isigidimi esibe siye ukum-
biza u-Mikaya sateta kuye, sisiti: Bona
ke, amazwi abaprofite ngomlomo 'mnye
*ateta* okulungileyo kukumkani; makeliti
ke ilizwi lako libe njengelizwi lomnye
kubo, uz' utete okulungileyo. 14 Wati
kodwa u-Mikaya: Ehleli nje UYEHOVA, oko
akutshoyo UYEHOVA kumi, ndiya kuteta
kwa kona. 15 Wasuka weza kukumkani.
Waza wati ukumkani kuye: Mikaya!
siya kuya e-Ramote yase-Gileyadi ukulwa,
siya kuyeka, kusinina? Wayesiti kuye:
Nyuka, utamsanqeleke; ngokuba UYEHOVA
eya kuyinikela esandhleni sokumkani. 16
Waza wati ukumkani kuye: Kwoda kube
ngamaxesha mangapina ndiya kukufungi-
sa, ukuba ungateti 'nto kumi, kupela ibe
yinnyaniso, egameni LIKAYEHOVA? 17 Wa-
yesiti: Ndabona o-Sirayeli bonke bete sa
pezu kwentaba, njengegusha ezingenaye
umalusi; wati ke UYEHOVA: Akuko inkosi
kubo aba; mababuye abanye ngabanye
baye ezindhlwini zabo ngoxolo.
18 Waza ukumkani wo-Sirayeli wati
ku-Yehoshafate: Andite kuwe na, akayi
kuprofitesha ngami okulungileyo, koko *eya
kuprofitesha* okubi?
19 Wayesiti: Ngako oko yiva ilizwi LI-
KAYEHOVA: Ndabona UYEHOVA ehleli pezu
kweterone yake, nawo wonke umkosi wa-
sezulwini umi ngakuye, ngasekunene kwa-
ke nangasekohlo kwake. 20 Waza wati
UYEHOVA: Ngubanina oya kuhenda u-Aha-
bi, ukuba enyuke, enzakale e-Ramote yase-
Gileyadi? Wati omnye ngokuti, wati
nomnye ngokuti. 21 Wada wapuma umo
ya, wema pambi KWOYEHOVA, wati: Ndiya
kumhenda mina. 22 Wati UYEHOVA kuye:
Nganina? Wayesiti: Ndiya kupuma,
ndize ndibe ngumoya wobuxoki emlonyeni
wabo bonke abaprofite bake. Wati: Uya
kuhenda, wauya kweyisa kanjalo; puma,
wenje njalo ke. 23 Ngako kaloku, bona
ke, UYEHOVA ubekile umoya wobuxoki
emlonyeni wabo bonke ababaprofite bako;
kanjalo UYEHOVA utetile ngawe okubi.
24 Wandula wasondela u-Zedekiya unya-
na ka-Kenana, wambeta u-Mikaya esidhle-
leni, wati: Wadhlula ngayipina *indhlela*
umoya KAYEHOVA evela kumi ukuya kuteta
nawe? 25 Wayesiti u-Mikaya: Bona ke,
uya kubona ngalommini uya kungena nga-
yo enkambilini yapakati, ukuba uzimele.
26 Waza wati ukumkani wo-Sirayeli:
Tabata u-Mikaya, umbuyisele ku-Amoni
inkosi yesixeko, naku-Yohashe unyana
wokumkani, 27 uti: Utsho ukumkani u-
kuti: Fakani lo entolongweni, nimdhlise
isonka sembandezelo namanzi embandeze-
lo, ndide ndize ngoxolo. 28 Waza wati
u-Mikaya: Ukuba uka ubuye ngoxolo,
UYEHOVA akatetanga ngami. Walekela
wati: Pulapulani, bantu, nina nonke!
29 Wandula wenyuka ukumkani wo-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Sirayeli, no-Yehoshafate ukumkani wo-
Juda, ukuya e-Ramote yase-Gileyadi. 30
Waza ukumkani wo-Sirayeli wati ku-Yeho-
shafate: Ndiya kuzenza ngakumbi, ndi-
ngene pakati kwokulwa; kodwa wena,
yambata izivato zako *zobukumkani*. Kwa
njalo ukumkani wo-Sirayeli wazenza nga-
kumbi, wangena pakati kwokulwa. 31 Ke-
kaloku ukumkani we-Siriya ebeyalele
inkosi zennqwelwana abenazo, zingama-
shumi matatu anambini, ngokuti: Aniyi
kulwa kwa nabancinane nabakulu, kupela
*niya kulwa* nokumkani wo-Sirayeli yedwa.
32 Kwaye kute, xeshekweni inkosi zen-
nqwelwana zambonayo u-Yehoshafate, za-
sezisiti: Okunene ngukumkani wo-Sirayeli
lowo. Zaza zapambuka ukuya kulwa nga-
kuye; kodwa u-Yehoshafate wakala. 33
Kwaza kwati, zakubona inkosi zennqwe-
lwana ukuba asi nguye ukumkani wo-Sira-
yeli, zabuya ekumlandeleni. 34 Yandula
indoda *etile* yatyeda isipeta ekungazini
kwayo, yambeta ukumkani wo-Sirayeli pa-
kati kwamakonxo nehempe yentsimbi.
Ngako wati kumbexeshi wake: Songa isa-
ndhla sako, upume nami emkosini; ngoku-
ba ndenziwe inxeba. 35 Kwaye kusanda
ukulwa ngalommini; waza ukumkani wa-
xaswa ennqwelwaneni malungana nama-
Siriya; kodwa wafa ngokuhlwa, lati igazi
lenxeba lapalalela esifubeni sennqwelwa-
na. 36 Kwandula kwahamba indanduluko
pakati kwomkosi lakutshona ilanga, isiti:
*Mabaye* abanye ngabanye esixekweni sabo,
nabanye ngabanye elizweni labo! 37 Kwa
njalo wafa ukumkani, waziswa e-Samari-
ya; baye bemncwaba ukumkani e-Sama-
riya. 38 Kwati kwakuyalazwa innqwe-
lwana ngasecibini lase-Samariya, izinja
zakota igazi lake, nxa ingnawokazi zahla-
mbayo, njengelizwi LIKAYEHOVA abelite-
tile.
39 Nesisalela semicimbi ka-Ahabi, nako
konke wakwenzayo, nendhlu yopondo lwen-
dhlovu owayakayo, nazo zonke izixeko
abezakile, ayibàlwanga na yona enncwadi-
ni yemicimbi yemihla ngemihla yokumka-
ni wo-Sirayeli? 40 Wada walala u-Ahabi
noyise bake; waza u-Ahaziya unyana wake
waba ngukumkani esikundhleni sake.

41 KEKALOKU u-Yehoshafate unyana
ka-Asa waba ngukumkani pezu kwo-Juda,
ngomnyaka wesine ka-Ahabi ukumkani
wo-Sirayeli. 42 U-Yehoshafate ebeyimi-
nyaka imashumi matatu anesihlanu ubudala
bake, akuba ngukumkani; wapata ubu-
kumkani iminyaka yamashumi mabini ana-
mihlanu e-Yerusaleme. Igama lonina be-
lingu-Hazuba, intombi ka-Shilihi. 43 Wa-
ye ehamba ngayo yonke indhlela ka-Asa
uyise, akapambuka kuyo, esenza okufane-
leyo emehlweni KAYEHOVA: kodwa indawo
ezipakamileyo bezingasuswa; abantu ba-
sabinga baqumisa ezindaweni ezipakamile-
yo. 44 Kanjalo u-Yehoshafate walwenza
uxolo nokumkani wo-Sirayeli.
45 Nesisalela semicimbi ka-Yehoshafate,
namandhla ake abesenza ngawo, nokuba
wati nina ukulwa, ayibàlwanga na yona
enncwadini yemicimbi yemihla ngemihla
yokumkani bo-Juda? 46 Nengnawo ezi-
seleyo, ezibe zisele emihleni ka-Asa uyise,
wazisusa elizweni.
47 Oko bekungeko ukumkani e-Edome;
umongama ebengukumkani.
48 U-Yehoshafate wazenza innqanawa
zase-Tareshishe ukuba ziye e-Ofire ngen-
nxa yegolide; kodwa zibe zingayi, ngokuba
innqanawa zapukayo e-Hetsiyone-gebere.
49 Wandula wati u-Ahaziya unyana ka-
Ahabi ku-Yehoshafate: Maziye izicaka
zami kunye nezicaka zako ezinnqanaweni;
koko u-Yehoshafate ebengavumi.
50 Wada u-Yehoshafate walala noyise
bake, wancwatywa noyise bake esixe-
kweni sika-Davide uyise; waza u-Yehora-
me unyana wake waba ngukumkani esiku-
ndhleni sake.

51 UAHAZIYA unyana ka-Ahabi waba
ngukumkani pezu kwo-Sirayeli e-Samari-
ya, ngomnyaka weshumi linesixenxe ka-
Yehoshafate ukumkani wo-Juda, wapata
ubukumkani iminyaka yamibini pezu kwo-
Sirayeli. 52 Wayesenza okukohlakeleyo
emehlweni KAYEHOVA, wahamba endhleleni
yoyise, nasendhleleni yonina, nasendhle-
leni ka-Jerobome unyana ka-Nebati,
owabenza o-Sirayeli bone: 53 ngokuba
wabekonza u-Bali, watoba pambi kwake,
wamqumbisa UYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli, njengako konke abekwenzile uyise
wake.



University of Fort Hare

# EYESIBINI INNCWADI

# YOKUMKANI.

ISAHLUKO I.

ANDULA ama-Mowabi avukela ngaku-
bo o-Sirayeli emveni kwokufa kuka-
Ahabi.
2 Kekaloku u-Ahaziya weyela ngesetye-
nzwa elipanjanisiweyo enkambilini yake
yapezulu ebise-Samariya, wabesifa; waza
watuma izigidimi, wati kuzo: Hambani,
nibuze ku-Bali-zebube utixo we-Hekrone,
ukuba ndiya kupila kwesisifo kusinina. 3
Kodwa ingelosi KAYEHOVA yateta ku-Elija
um-Tishebi, *isiti:* Suka, unyuke ukuya
kukaulela izigidimi zokumkani we-Sama-
riya, uti kuzo: Kungokuba kungeko UTIXO
kwa-Sirayeli na, nihamba ukuya kubuza
ku-Bali-zebube utixo we-Hekrone? 4 Nga-
ko oko ke utsho UYEHOVA ukuti: Uma-
ndhlalo apo ukwele kona, akuyi kuhla
kuwo, koko uya kufa ngennyaniso. Waza
wemka u-Elija.
5 Xeshekweni izigidimi zazibuyele ku-
ye, wati kuzo: Yinina lento nibuyileyo?
6 Zaye zisiti kuye: Indoda yenyuka uku-
za kusikaulela, yati kuti: Hambani, nibu-
yele kukumkani onitumileyo, niti kuye:
Utsho UYEHOVA ukuti: Kungokuba kunge-
ko UTIXO kwa-Sirayeli na, utuma ukuya
kubuza ku-Bali-zebube utixo we-Hekrone?
ngako oko, umandhlalo apo ukwele kona,
akuyi kuhla kuwo, koko uya kufa ngen-
nyaniso. 7 Waza wati kuzo: Sibe sinina
isimilo salondoda eyenyukayo ukuza kuni-
kaulela, yateta kuni lamazwi? 8 Zaye
zisiti kuye: Ibiyindoda *inengubo* yoboya,
ibinqiwe ngombinqo wolusu esinqeni sayo.
Wayesiti: Ngu-Elija um-Tishebi.
9 Wandula ukumkani watuma kuye
inkosi yamashumi mahlanu inamashumi
mahlanu ayo. Yaza yenyukela kuye; ngo-
kuba, bona ke, ebehleli pezu kwengcopo
yentaba; yateta kuye, *esiti:* Wena 'ndoda
KATIXO! uti ukumkani: Yihla. 10 Kodwa
wapendula u-Elija, wati kuyo inkosi yama-
shumi mahlanu: Ukuba ke ndiyindoda
KATIXO mina, mauhle umlilo ezulwini,
udhle wena namashumi mahlanu ako.
Waza wehla umlilo ezulwini, wadhla yona
namashumi mahlanu ayo. 11 Waza wa-
buya watuma ennye inkosi yamashumi
mahlanu inamashumi mahlanu ayo. Ya-
teta yona yati kuye: Wena 'ndoda KATIXO!
utsho ukumkani ukuti: Nxama uhle. 12
Wapendula u-Elija wati kubo: Ukuba
ndiyindoda KATIXO mina, mauhle umlilo
ezulwini, udhle wena namashumi mahlanu
ako. Wandula wehla umlilo ezulwini,
wadhla yona namashumi mahlanu ayo.
13 Wabuya watuma kanjalo inkosi yawe-
sitatu amashumi mahlanu inamashumi ma-
hlanu ayo. Yayinyuka eyesitatu inkosi
yamashumi mahlanu, yeza yaguqa ngama-
dolo ayo pambi kwo-Elija, yamtaruzisa,
yati kuye: Wena 'ndoda KATIXO! makebu-
be ubomi bami, nobomi bezicaka zako,
balamashumi mahlanu, bunqabile eme-
hlweni ako. 14 Bona ke, kwehla umlilo
ezulwini, wadhla inkosi zombini zamashu-
mi mahlanu okuqala, kunye namashumi
mahlanu azo; kodwa kaloku, mabube ubo-
mi bami bunqabile emehlweni ako. 15
Yaza yateta ingelosi KAYEHOVA ku-Elija,
*isiti:* Yihla nayo, ungayoyiki. Wesuka,
wehla nayo waya kukumkani. 16 Wa-
yesiti kuye: Utsho UYEHOVA ukuti: Oko-
kuba utumile izigidimi ukuya kubuza
ku-Bali-zebube utixo we-Hekrone, kungo-
kuba kungeko UTIXO kwa-Sirayeli na, kuze
kubuzwe elizwini lake? ngako oko, uma-
ndhlalo apo ukwele kona, akuyi kuhla
kuwo, koko uya kufa ngennyaniso.
17 Wada wafa, njengelizwi LIKAYEHOVA,
elo wabelitetile u-Elija: waza u-Yehorame
waba ngukumkani esikundhleni sake,
ngomnyaka wesibini ka-Yehorame unyana
ka-Yehoshafate ukumkani wo-Juda; ngo-
kuba yena ebengenaye unyana.
18 Nesisalela semicimbi ka-Ahaziya,
leyo wayenzayo, ayibalwanga na yona
enncwadini yemihla ngemihla yokumkani
bo-Sirayeli?



University of Fort Hare
Together in Excellence

2 KWAYE kute, nxa UYEHOVA abeza ku-
nyusa u-Elija ngesaqwiti aye ezulwini,
wandula wemka u-Elija no-Elisha e-Gile-
gale. 2 Waza u-Elija wati ku-Elisha:
Kauhlale apa; ngokuba UYEHOVA enditu-
mile ukuya e-Betele. Kodwa wati u-Eli-
sha: Ehleli nje UYEHOVA, uhleli nje nom-
pefumlo wako, andiyi kukushiya! Baye
behlela e-Betele. 3 Bandula onyana ba-
baprofite abebese-Betele bapumela ku-
Elisha, bati kuye: Uyakwazi na ukuba
UYEHOVA uya kususa inkosi yako namhla
enklokweni yako? Wayesiti: Ewe, ndi-
yakwazi; yitini cwaka. 4 Waza wati u-
Elija kuye: Elisha! kauhlale apa; ngo-
kuba UYEHOVA enditumile ukuya e-Jeriko.
Kodwa wati: Ehleli nje UYEHOVA, uhleli
nje nompefumlo wako, andiyi kukushiya!
Baye besiza e-Jeriko. 5 Bandula basonde-
la onyana babaprofite abebese-Jeriko ku-
Elisha, bati kuye: Uyakwazi na ukuba
UYEHOVA uya kususa inkosi yako namhla
enklokweni yako? Wayesiti: Ewe, ndi-
yakwazi; yitini cwaka. 6 Waza wati u-
Elija kuye: Kauhlale apa; ngokuba UYE-
HOVA enditumile ukuya e-Yoredane. Ko-
dwa wati: Ehleli nje UYEHOVA, uhleli nje
nompefumlo wako, andiyi kukushiya! Ba-
suka bahamba bobabini. 7 Andula ama-
doda angamashumi mahlanu kubo onyana
babaprofite aya ema malungana *nabo* eku-
de; bati bona bobabini bema ngase-Yore-
dane. 8 Waza u-Elija watabata ingubo
yake, wayisonga, wawabeta amanzi, ahluka
wona nalapa napaya; bada bona bobabini
bawela pezu kwowomileyo *umhlaba*.

9 Kwabekute, bakuba bewelile, wandula
wati u-Elija ku-Elisha: Cela into endiya
kukwenzela yona, ndingekasuswa kuwe.
Wayesiti u-Elisha: Makekubeko isabiwo
esipindiweyo sommoya wako pezu kwami.
10 Waza wati: Ucelile into enqabileyo:
*noko*, ukuba uyandibona ndakususwa ku-
we, kwoba njalo kuwe; kodwa ukuba
aku*ndiboni*, akuyi kuba *njalo*.

11 Kwaye kute ke, nxa babambayo be-
mana beteta, nantsi innqwelo yomlilo ina-
mahashe omlilo, eyasenza isahlulo pakati
kwabo bobabini; waza u-Elija wenyukela
ezulwini ngesaqwiti.

12 Wabona ke u-Elisha, wadanduluka,
*esiti:* Bawo wami, bawo wami! innqwelo
yo-Sirayeli, nabakweli babo! Wada akabi
sambona; waza wabamba izivato zake, wa-
zirazula zaba ziziziba zibini. 13 Wayicola
nengubo ka-Elija ebiwile kuye, wabuya,
waya wema ngaselugudwini lwe-Yoredane.
14 Waza watabata ingubo ka-Elija ebiwile
kuye, wawabeta amanzi, wati: Upina
UYEHOVA, UTIXO ka-Elija? Kwa yena aku-
wabeta amanzi, ahluka wona nalapa napa-
ya; wada wawela u-Elisha.

15 Kekaloku onyana babaprofite abebese-
Jeriko bakumbona bekude, bati: Ummo-
ya ka-Elija uyapumla pezu kwo-Elisha.
Bandula beza ukumkaulela, bazitoba kuye
ngasemhlabeni. 16 Baye besiti kuye:
Bona ke, kuko nezicaka zako amashumi
mahlanu amadoda akalipileyo; makaye ke,
afune inkosi yako; hleze kube kukuba
umoya KAYEHOVA umfunqulile, wamkahle-
la pezu kwennye yentaba, umhlambi
kwesinye sezihlambo. Wayesiti: Aniyi
kutuma. 17 Kodwa bakumqùba wada wa-
dana, wandula wati: Tumani. Baza batu-
ma amadoda amashumi mahlanu, abefuna
imihla mitatu, engamfumananga ke. 18
Nxa babuyeleyo kuye, (ngokuba ebesuhla-
la e-Jeriko,) wandula wati kubo: Bendi-
ngati kuni na: Ningayi?

19 Aza amadoda esixeko ati ku-Elisha:
Bona ke, inklalo yesisixeko ilungile, nje-
ngokuba inkosi yami ibona; kodwa amanzi
mabi, nomhlaba uputile. 20 Wayesiti:
Ndiziseleni isikotile esitsha, nifake kona
ityuwa. Baza basizisa kuye. 21 Wandula
wapumela etendeni lamanzi, wayiposela
kona ityuwa, wati: Utsho UYEHOVA ukuti:
Ndiwapilisile amanzi la; akuyi kubuya
kuvele kona ukufa nokuputa. 22 Kwa
njalo kwapiliswa amanzi lawo kwada kwa-
namhla nje, njengelizwi lika-Elisha owa-
belitetile.

23 Wasuka wenyuka kona ukuya e-Be-
tele. Kekaloku nxa abenyuka ngendhlela,
kwapuma esixekweni abafana abancinane,
abahlekisa ngaye, bati kuye: Nyuka, qai-
ndini! nyuka, qaindini! 24 Waza wabeka
ngomva, wabakangela, wabaqalekisa ega-
meni LIKAYEHOVA. Kwandul' ukupuma
ibere zimbini ehlatini, zaqwenga kubo aba-
ntwana abangamashumi mane anababini.
25 Wemka kona waya entabeni ye-Kara-
mele; *wesuka* nakona wabuyela e-Sama-
riya.

3 KEKALOKU u-Yehorame unyana ka-
Ahabi waba ngukumkani pezu kwo-
Sirayeli e-Samariya, ngomnyaka weshumi
linesibozo ka-Yehoshafate ukumkani wo-



University of Fort Hare

Juda, wapata ubukumkani iminyaka yali-
shumi linamibini. 2 Wayesenza okuko-
hlakeleyo emehlweni KAYEHOVA: kodwa
kwakungenjengoyise nanjengonina; ngo-
kuba wasusa isifanekiso sika-Bali, owa-
besenzile uyise. 3 Wayenamatela noko
ezonweni zika-Jerobome unyana ka-Nebati,
owabenzayo o-Sirayeli bone; akapambuka
kuzo.

4 Kekaloku u-Mesha ukumkani wama-
Mowabi ebengumfuyi wegusha, wanikela
kukumkani wo-Sirayeli ikulu lamawaka
emvana, nekulu lamawaka enkunzi zegu-
sha uboya *bazo*. 5 Kodwa bekute, nxa u-
Ahabi abefile, wandula ukumkani wama-
Mowabi wavukela ngakuye ukumkani wo-
Sirayeli.

6 Waza wapuma ukumkani u-Yehorame
ngeloxesha e-Samariya, wabala o-Sirayeli
bonke. 7 Waya watuma ku-Yehoshafate
ukumkani wo-Juda, ukuti: Ukumkani
wama-Mowabi uvukele ngakumi; uya ku-
hamba na nami ukuya ngakuwo ama-Mo-
wabi ekulweni? Wayesiti: Ndiya kunyu-
ka: njengokuba unjalo wena, ndinjalo
mina; njengokuba benjalo abantu bako,
banjalo abantu bami; njengokuba enjalo
amahashe ako, anjalo amahashe ami. 8
Waza wati: Siya kunyuka ngayipina
indhlela? Wayesiti: Ngendhlela yenkla-
ngo yase-Edome. 9 Kwa njalo wahamba
ukumkani wo-Sirayeli, nokumkani wo-
Juda, nokumkani we-Edome: baye beze-
kelela ngendhlela yemihla isixenxe: kwa-
za akwabiko amanzi kuwo umkosi, nakuzo
izilo ezibe zibalandela.

10 Wandula wati ukumkani wo-Sirayeli:
Au, lento ababizileyo UYEHOVA okumkani
aba bobatatu, ukuze abanikele esandhleni
sama-Mowabi! 11 Kodwa u-Yehoshafate
wati: Akuko na apa umprofite KAYEHOVA,
sibuze KUYEHOVA ngaye? Sapendula esi-
nye ezicakeni zokumkani wo-Sirayeli,
sati: Kuko apa u-Elisha unyana ka-Sha-
fate, owagalela amanzi pezu kwezandhla
zika-Elija. 12 Wayesiti u-Yehoshafate:
Liko naye ilizwi LIKAYEHOVA. Bandula
behla baya kuye, ukumkani wo-Sirayeli,
no-Yehoshafate, nokumkani we-Edome.
13 Kodwa u-Elisha wati kuye ukumkani
wo-Sirayeli: Uyinto nina kumi? hamba
uye kubaprofite boyihlo, nakubaprofite bo-
nyoko. Koko ukumkani wo-Sirayeli wati
kuye: Unga*tsho* ke; ngokuba UYEHOVA
ebabizile okumkani aba bobatatu, ukuba
abanikele esandhleni sama-Mowabi. 14
Wayesiti u-Elisha: Ehleli nje UYEHOVA
wemikosi, endimi pambi kwake, ngennya-
niso, ukuba ndibe ndingabeki ubuso buka-
Yehoshafate ukumkani wo-Juda, ngendi-
ngakangeli ngakuwe, ngendingakuboni
kanjalo! 15 Kodwa kaloku ndiziseleni
umculisi. Kwaye kute, akuculisa umculi-
si, sandula isandhla SIKAYEHOVA seza pezu
kwake; 16 wayesiti: Utsho UYEHOVA u-
kuti: Yenza lentili ibe ngamacibi ngama-
cibi; 17 ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti:
Aniyi kubona ummoya, aniyi kubona nem-
vula; noko ke intili leyo iya kuzaliswa
ngamanzi, naniya kusela nina, nenkomo
zenu, nezilo zenu. 18 Yinto elula kodwa
le emehlweni KAYEHOVA; uya kunikela
ama-Mowabi esandhleni senu kanjako.
19 Naniya kubeta zonke izixeko ezinqa-
tyisiweyo, nazo zonke izixeko ezidhlulisi-
leyo; nayo yonke imiti elungileyo niya
kuyiwisa, nayo yonke imitombo yamanzi
niya kuyivingca, nawo onke amasimi alu-
ngileyo niya kuwonakalisa ngamatye.

20 Kwaza kwati kusasa, nxa kunikelwa
ngomnikelo wokudhla, bona ke, kwavela
amanzi ngendhlela yase-Edome, lada ilizwe
lazaliswa ngamanzi. 21 Kekaloku kwa-
kuviwa ngawo onke ama-Mowabi, ukuba
okumkani abo benyukile ukuza kulwa nga-
kuwo, kwabizelwa ndawonye bonke ababi-
nqa ngombinqo nabapezulu, bema ngasem-
deni. 22 Ati akuvuka kusasa, selipumile
ilanga pezu kwamanzi, andula ama-Mowa-
bi abona malungana *nawo* amanzi ebomvu
njengegazi; 23 ayesiti: Ligazi eli; batsha-
balele okumkani abo ngokwenene, babu-
lalene; ngako kaloku emaxobeni, ma-
Mowabi! 24 Kodwa akufika emnqubeni wo-
Sirayeli, besuka o-Sirayeli bawabeta ama-
Mowabi, ada esaba pambi kwabo: kanjalo
bangena kulo *ilizwe lawo*, babeta ama-
Mowabi. 25 Nezixeko bazicita, napezu kwa-
wo onke amasimi alungileyo baposa abanye
ngabanye ilitye labo, bawazalisa; nayo
yonke imitombo yamanzi bayivingca, nayo
yonke imiti elungileyo bayiwisa; kwada
kwasaliswa amatye ayo e-Kire-haresete
*yodwa*: kodwa abasauli bayingqonga, bayi-
beta.

26 Waza ukumkani wama-Mowabi, aku-
bona ukuba ukulwa kunamandhla pezu
kwake, watabata naye amadoda angama-
kulu asixenxe arolayo irele, ukuba atyo-
bozele kuye ukumkani we-Edome; kodwa



University of Fort Hare
Together in Excellence

ebekohliwe. 27 Wandula wamtabata u-
nyana wake wamazibulo, lowo ubeya kuba
ngukumkani esikundhleni sake, wamnikela
abe lidini lokutshiswa pezu kwodonga.
Kwaza kwabako umsindo omkulu ngakubo
o-Sirayeli: ngako bemka kuye, babuyela
elizweni *labo.*

4 KEKALOKU umfazi otile ebafazini
bonyana babaprofite wakala ku-Elisha,
esiti: Isicaka sako, indoda yami, sifile;
nawe uyazi ukuba isicaka sako besimoyika
UYEHOVA: usel' efikile lowo ibinetyala ku-
ye, ukuza kuzitabatela onyana bami boba-
bini babe ngamakoboka. 2 Waye u-Elisha
esiti kuye: Ndiya kukwenzela 'nto nina?
ndixelele ke, unanto nina endhlwini? Wati
yena: Isicakakazi sako asinanto endhlwi-
ni, kupela liselwa leoli. 3 Waza wati:
Hamba, uboleke izitya ngapandhle, kubo
bonke abamelwane bako, izitya ezizé;
ungakwenzi kuncinane *ukuboleka kwako:*
4 wandule ungene, uvale ucango pezu
kwako napezu kwonyana bako, utè kuzo
zonke ezozitya, neso site ciki usibeke eca-
leni. 5 Waza wemka kuye, waya wavala
ucango pezu kwake napezu kwonyana
bake; bona babesondeza kuye, naye wa-
besità. 6 Kwati kwakuba izitya bezite
ciki, wayesiti kunyana wake: Sisondeze
kumi kanjako isitya; kodwa wati kuye:
Akuseko isitya. Yaza ioli yanqamka. 7
Wandula weza, wayixelela indoda KATIXO;
eyati: Hamba, utengise ngeoli leyo, u-
hlaule lowo unetyala kuye; uze upile
wena nonyana bako ngeseleyo.
8 Kwaye kute ngemmini etile, wadhlula
u-Elisha waya e-Shuneme, apo wabekona
umfazi omkulu, owamnyanzela ukuba atye
isonka. Kwaza kwati, nxa asukuba ebe-
dhlula, wapambukela kona, ukuba atye
isonka. 9 Wada wati kwindoda yake:
Bona ke, sendinakana ukuba uyindoda
engcwele KATIXO lo, odhlula ngakuti futi;
10 masenze ke inkambili yapezulu encci-
nane ngaseludongeni, simbekele kona uma-
ndhlalo, netafile, nesitulo, nekandelare;
kwaye kuya kuti, akuza kuti, wopambukela
kona. 11 Kwabekute ngemmini etile,
weza kona, wapambukela kuyo inkambili
yapezulu leyo, walala apo ke. 12 Waza
wati ku-Gehazi isicaka sake: Mbize lom-
Shunemekazi. Xeshekweni abembizile,
wema yena ebusweni bake. 13 Kekaloku
wabete kuye: Yiti ke kuye: Bona ke,
usikatalele ngayo yonke lenkatalo nje,
yinto nina eya kwenzelwa wena? kuko
na into uya kutetelelwa ngayo kukumkani,
umhlaumbi kwinkosi yomkosi? Wayete
yena: Ndihleli pakati kwabantu bami.
14 Wandula wati: Sekuya kumenzelwa
'nto nina ke? Wati u-Gehazi: Okuneno
akananyana, nendoda yake isel' indala.
15 Waza wati: Mbize. Xeshekweni abem-
bizile, wema yena emnyango. 16 Wa-
yesiti: Ngelixesha elimisiweyo, wakuba
utwasile umnyaka, uya kusingata unyana.
Waza wati: Hai, nkosi yami, ndoda KA-
TIXO! ungaxokisi isicakakazi sako. 17
Wada wamita umfazi lowo, wazala unyana
ngeloxesha elimisiweyo, wakuba utwasile
umnyaka, elo u-Elisha wabetetile ngalo
kuye.
18 Nxa asel' ekulile umntwana, kwabe-
kute ngemmini etile, wapuma waya kuyise,
kubavuni. 19 Wayesiti kuyise: Inkloko
yami, inkloko yami! Wati *uyise* kumfana:
Mtwalele kunina. 20 Wamtwala ke, wam-
zisa kunina. Waza wahlala pezu kwa-
madolo ake kwada kwasemmini enkulu,
wand' ukububa. 21 Wenyuka *unina*, wam-
lalisa pezu kwomandhlalo wendoda KA-
TIXO, wamvalela, wapuma ke. 22 Waza
wabiza indoda yake, wati: Nditumele ke
omnye kwabafana, nelinye kwamaqwara-
shekazi, ndibaleke ndiye endodeni KATIXO,
ndibuyelele. 23 Yayisiti: Kunganina
ukuba woya kuyo namhla? asi yiyo innya-
nga etwasileyo, asi yiyo nesabata. Wati:
Kwoba kulungile. 24 Waza wabopa iqwa-
rashekazi, wati kumfana wake: Qùba,
uhambe; ungandibambezeleli ukuhambisa
*kwako*, kupela nxa nditshoyo kuwe. 25
Wasuka wahamba, weza kuyo indoda KA-
TIXO entabeni ye-Karamele.
Kwaye kute, yakumbona indoda KATIXO
ekude, yaza yati ku-Gehazi isicaka sayo:
Nankuya lom-Shunemekazi. 26 Kaloku
gitshima ke, uye kumhlangabeza, uti ku-
ye: Kulungile na kuwe? kulungile na
kwindoda yako? kulungile na kumntwana?
Wayesiti: Kulungile. 27 Wati akufika
kwindoda KATIXO entabeni, wabamba in-
nyawo zayo. Wasuka wasondela u-Gehazi,
ukuba amtyàle. Kodwa yati indoda KA-
TIXO: Myeke; ngokuba umpefumlo wake
urara pakati kwake; kanti UYEHOVA undi-
fihlele *lento*, engandixelelanga. 28 Wa-
za wati: Ndike ndacela na unyana enko-
sini yami? bendingati na: Ungandikohli-



University of Fort Hare

si? 29 Yandula yati ku-Gehazi: Binqa
isinqe sako, upate umsimelelo wami esa-
ndhleni sako, uhambe; ukuba uyafumana-
na nomntu, ungambulisi; kanjako ukuba
umntu uyabulisa wena, ungasabeli kuye;
uye uwubeke umsimelelo wami pezu kwo-
buso bomntwana. 30 Koko unina wom-
ntwana wati: Ehleli nje UYEHOVA, uhleli
nje nompefumlo wako, andiyi kukushiya!
Yaselisuka, yamlandela. 31 Waza u-Ge-
hazi wadhlula pambi kwabo, waya wabeka
umsimelelo pezu kwobuso bomntwana;
kodwa bekungeko ilizwi, bekungeko no-
kupulapula. Ngako wabuya ukuya kuyi-
hlangabeza, wayixelela, esiti: Akavukanga
umntwana. 32 Kekaloku akuba u-Elisha
engene endhlwini, nankuya umntwana
efile, elele pezu kwomandhlalo wake.
33 Wangena ke, wabavalela bona boba-
bini ucango, watandaza KUYEHOVA. 34 Wa-
za wakwela, walala pezu kwomntwana,
wabeka umlomo wake pezu kwowake um-
lomo, namehlo ake pezu kwawake ame-
hlo, nezandhla zake pezu kwezake izandhla,
wazitoba pantsi pezu kwake: yada innya-
ma yomntwana yafudumala. 35 Wandula
wabuya, wahamba endhlwini kwa kanye
apa nakanye paya; waza wakwela *kanjako*,
wazitoba pantsi pezu kwake; wada wati-
mla umntwana kwada kwangamaxesha asi-
xenxe, waza umntwana wavula amehlo
ake. 36 Wasuka wambiza u-Gehazi, wati:
Mbize lom-Shunemekazi. Wambiza ke.
Nxa abezile kuye, wati: Tabata unyana
wako. 37 Waza wangena, wawa ngase-
zinnyaweni zake, wazitoba ngasemhlabeni,
watabata unyana wake, wapuma ke.

38 Wabuya u-Elisha weza e-Gilegale:
kwaye kuko indhlala elizweni; baza onya-
na babaprofite bahlala pambi kwake; wa-
yesiti kwisicaka sake: Beka imbiza enku-
lu, upekele onyana babaprofite umhluzi.
39 Wandula omnye wapumela endhle ayi-
ke imifuno, wafumana ivatala yasendhle,
waka kuyo ikomkomere zasendhle ingubo
yake izele, weza wazixabela embizeni
yomhluzi; ngokuba bebengazazi. 40 Bada
bapakela amadoda ukuba adhle. Kwaza
kwati, nxa ebesidhla kuwo umhluzi, akala,
ati: Ukufa kusembizeni, ndoda KATIXO!
Akohlwa ke ukutya. 41 Koko yati: Zi-
sani ke umgubo. Yaza yawuposela embi-
zeni; yayisiti: Pakela abantu ukuba ba-
dhle. Kwaza akwabiko into embi embi-
zeni.

42 Kwaye kuvela indoda e-Bali-shalisha,
yazisa endodeni KATIXO izonka zelibo, izo-
nka zeralasi ezimashumi mabini, nezikwe-
bu ezibonxileyo emakaseni azo. Yaza yati:
Nikela abantu ukuba badhle. 43 Kodwa
umkonzi wayo wati: Into ni? ndibeke
oku pambi kwekulu lamadoda na? Yabu-
ya yati: Nikela abantu ukuba badhle;
ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti: Baya ku-
dhla, bosalisa kanjalo. 44 Wandula wa-
beka pambi kwabo, baza badhla, basalisa
nokusalisa, njengelizwi LIKAYEHOVA.

5 KEKALOKU u-Nahamane, inkosi yom-
kosi wokumkani we-Siriya, ebeyindoda
enkulu ebusweni benkosi yake, nebeke-
kileyo, ngokuba UYEHOVA wabenikile ngaye
ulwoyiso kuma-Siriya; wayeyindoda eli-
gora elikalipileyo kanjalo, *kodwa* ebelile-
peri. 2 Aye ama-Siriya ebepumile nga-
mabandhla, atimba elizweni lakwa-Sirayeli
intombazana enncinane, ebikonza umfazi
ka-Nahamane. 3 Yayisiti kuyo inkosikazi
yayo: Ayaba inkosi yami yabisebusweni
bomprofite ose-Samariya! oko ebeya kuyi-
pilisa kuso isilepero sayo. 4 Wandula
wangena, wayixelela inkosi yake, esiti:
Ngokunje nangokunje itetile intombazana
ebivela ezweni lakwa-Sirayeli.

5 Waza wati ukumkani we-Siriya: Ha-
mba, uye, ndandiya kutuma innewadi ku-
kumkani wo-Sirayeli. Wasuka wahamba,
watabata esandhleni sake ishumi letalente
zesilivere, namawaka matandatu *amaqosha*
egolide, neshumi lezivato zokuguqulelana.
6 Wada wayizisa innewadi leyo kukumka-
ni wo-Sirayeli, isiti: Kekaloku yakufika
lennewadi kuwe, bona ke, sendituminle
kuwe isicaka sami u-Nahamane, ukuze
umpilise kuso isilepero sake. 7 Kwaza
kwati, xeshekweni ukumkani wo-Sirayeli
abeleseshile innewadi, wandula warazula
izivato zake, wati: Ndinguye UTIXO na
ukufisa nokudhlisa ubomi, ukuba lo utu-
mile kumi, ukuze ndipilise indoda kuso
isilepero sayo? ngako oko gqalani ke, ni-
bone okokuba uyafuna ituba ngakumi.

8 Kwabekute, akuba evile u-Elisha,
indoda KATIXO, ukuba ukumkani wo-Sira-
yeli urazule izivato zake, waza watuma
kukumkani, ukuti: Kunganina ukuba uzi-
razulile izivato zako? makeze ke kumi,
waeya kukwazi ukuba kuko umprofite
kwa-Sirayeli. 9 Wandula u-Nahamane
weza namahashe ake nennqwelo, yake,



University of Fort Hare
Together in Excellence

wema ngaselucangweni lwendhlu ka-
Elisha. 10 Waza u-Elisha watuma isigi-
dimi kuye, esiti: Hamba uhlambe amaxe-
sha abe sixenxe e-Yoredane, yaiya kubuya
innyama yako ize kuwe, wauya kuhlambu-
luka. 11 Kodwa waqumba u-Nahamane,
wemka, wati: Bona ke, bendisiti pakati
kwami, woka apumele kumi, eme, abize
ngegama LIKAYEHOVA, LOTIXO wake, ashu-
kumise isandhla sake pezu kwendawo,
apilise ileperi: 12 i-Abana ne-Farepare,
imilambo yase-Damakusi, ayilungile na
yona kuwo onke amanzi akwa-Sirayeli?
andingehlambe kuyo na, ndihlambuluke?
Wajika ke, wemka ngomsindo. 13 Zaza
zasondela izicaka zake, zateta kuye, zati:
Bawo! *ukuba* umprofite ebetetile kuwe
into enkulu, ubungayi kuyenza na? ka-
ngakananina ngakumbi ke nxa ate kuwe:
Hlamba, uhlambuluke. 14 Wandula we-
hla, wazintywilisa e-Yoredane amaxesha
asixenxe, njengelizwi lendoda KATIXO:
yaza yabuya innyama yake, yaba njengen-
nyama yomntwana omncinane, wahlambu-
luka ke.

15 Wasuka wabuyela endodeni KATIXO,
yena nawo wonke umkosi wake, weza,
wema pambi kwayo, wati: Bona ke, kalo-
ku ndiyazi ukuba akuko UTIXO kuwo wo-
nke umhlaba, kupela kwa-Sirayeli: ngako
kaloku, zulamkele itamsanqa esicakeni
sako. 16 Kodwa yati: Ehleli nje UYEHOVA,
endimi pambi kwake, andiyi kwamkela
nalinye! Waza wayiqùba ukuba ilamkele;
koko yalayo. 17 Wandula wati u-Naha-
mane: Sekungayi kunikwa ke na kwisica-
ka sako umtwalo womhlaba olingana no-
wesibini samaqwarara? ngokuba isicaka
sako singayi kubuya senze idini lokutshi-
swa nombingelelo kotixo bambi, *siya kwe-
nza* KUYEHOVA kupela: 18 wanga UYEHOVA
angasixolela isicaka sako lento: xeshekwe-
ni inkosi yami iya kungena endhlwini
ka-Rimone ukuzitoba kona, ize yayame
pezu kwesandhla sami, ndandule ndizitobe
nami endhlwini ka-Rimone; xeshekweni
ndiya kuzitoba endhlwini ka-Rimone,
wanga UYEHOVA angasixolela isicaka sako
ngalento. 19 Yayisiti kuye: Hamba
ngoxolo. Waya wemka kuyo umgama
omncinane.

20 Waza wati u-Gehazi, isicaka sika-
Elisha indoda KATIXO: Bona ke, inkosi
yami imyekile u-Nahamane, lom-Siriya,
ukuba ingamkelanga esandhleni sake oko
wabesiza nako; kodwa, ehleli nje UYEHOVA,
ndiya kubaleka emva kwake, ndamkele
intwana kuye. 21 Kwa njalo u-Gehazi
wamputuma u-Nahamane. Waza u-Naha-
mane, akumbona ebaleka emva kwake, wa-
hlika ennqwelweni ukuya kumkaulela,
wati: Kulungile na? 22 Wayesiti: Ku-
lungile; inkosi yami inditumile ukuti:
Bona ke, kwa kaloku nje bafikile kumi
amadodana amabini evela entabeni yakwa-
Frayime kubo onyana babaprofite; kaunike
kuwo italente yesilivere ibe 'nnye, nezi-
vato zokuguqulelana zibe zibini. 23 Waza
wati u-Nahamane: Vuma, tabata italente
zibe mbini. Wamqùba ke, wabopa italente
zesilivere zambini ezidhleni zibini, nezi-
vato zokuguqulelana zazibini, wazibeka
pezu kwesibini sezicaka zake, ezatwala
pambi kwake. 24 Wati akufika endulini,
wazitabata ezandhleni zazo, wazibekela
endhlwini; waza wawandulula amadoda,
emka ke. 25 Kodwa yena wangena, we-
ma pambi kwenkosi yake. Waza u-Elisha
wati kuye: Uvela pina, Gehazi? Waye-
siti: Isicaka sako besingayanga nalapa
napaya. 26 Koko wati kuye: Ibingayi
*nawe* na inkliziyo yami, xeshekweni indoda
leyo yajika ennqwelweni yayo ukuza ku-
kukaulela? lixesha na lokwamkela isili-
vere, nelokwamkela izivato, nemiyezo yo-
minquma, nezitiya zemiti yeveyine, negu-
sha, nenkabi, nezicaka, nezicakakazi? 27
Ngako isilepero sika-Nahamane sonamate-
la kuwe, nakuyo inzalo yako kude kube
ngunapakade. Waza wapuma ebusweni
bake elileperi, *emhlope* njengengqweqwe.

6 BAYE onyana babaprofite besiti ku-
Elisha: Bona ke, indawo apo sihlala
kona ebusweni bako ixinene kuti: 2 make-
siye e-Yoredane, sitabate kona abanye nga-
banye umqadi, size sizenzele apo indawo
yokuhlala kuyo. Wayesiti: Yiyani. 3
Kwati ke omnye: Zuvume ke, uye nezi-
caka zako. Wati: Ndiya kuya. 4 Waza
waya nabo. Bati bakufika e-Yoredane,
bagaula imiti. 5 Kekaloku xeshekweni
omnye abewisa umqadi, yati intsimbi ye-
yela emanzini; waza wakala, wati: Au,
nkosi! ngokuba ibibolekiwe. 6 Yati indo-
da KATIXO: Yeyele pina? Waza wayibo-
nisa indawo. Yandula yanqumla uluti,
yaluposela kona; yadada ke intsimbi.
7 Yaza yati: Yicole kuwe. Wayosolula
isandhla sake, wayitabata.



University of Fort Hare

8 WAYE ukumkani we-Siriya wayenza
imfazwe ngakubo o-Sirayeli, wacebisana
nezicaka zake, esiti : Umnquba wami woba
sendaweni etile. 9 Kodwa indoda KATIXO
yatuma kukumkani wo-Sirayeli, ukuti :
Lumka ukuba ungadhluleli kulondawo ;
ngokuba ama-Siriya ehlele kona. 10 Nga-
ko ukumkani wo-Sirayeli watumela enda-
weni eyabimxelele indoda KATIXO yamyala
ngayo, wazilondoloza kona, bekungekanye,
bekungekabini kanjako.
11 Yaza inkliziyo yokumkani we-Siriya
yaxaliswa pezu kwalento ; ngako wabiza
izicaka zake, wati kuzo : Aniyi kunditye-
lela na ungubanina kwabetu ongecala lo-
kumkani wo-Sirayeli ? 12 Saza sati esinye
ezicakeni zake : Hai, nkosi yami, kumka-
ni ! ngu-Elisha, umprofite okwa-Sirayeli,
owatyelayo kukumkani wo-Sirayeli ama-
zwi uwatetayo enkambilini yako yokulala.
13 Wayesiti : Hambani, nibone apo akona,
ukuze ndítume ndimtabate. Kwaza kwa-
xelwa kuye, kusitwa : Nankuya e-Dotane.
14 Ngako watumela kona amahashe,
nennqwelwana, nempi enkulu ; ezibe zifi-
ka ngobusuku, zasiraula isixeko. 15 Waza
wavuka kusasa umkonzi wendoda KATIXO,
wapuma ke ; kekaloku nantsiya impi isi-
ngqonga isixeko, kwa namahashe nennqwe-
lwana. Wandula umfana wayo wati kuyo :
Au, nkosi yami ! sesiya kuti nina ke ?
16 Yayisiti : Ungoyiki ; ngokuba bebani-
nzi abanati pezu kwabanabo. 17 Waza
watandaza u-Elisha, wati : YEHOVA ! zuga-
bule amehlo ake, ukuze abone. Wandula
UYEHOVA wagabula amehlo omfana lowo,
wada wabona ; kekaloku, bona ke, intaba
ibizele ngamahashe nennqwelwana zomlilo
zimgqonga u-Elisha. 18 Xeshekweni ba-
behlele kuye, watandaza u-Elisha KUYEHO-
VA, wati : Zubabete ababantu ngobumfa-
ma. Waza wababeta ngobumfama, njenge-
lizwi lika-Elisha. 19 Wandula wati u-
Elisha kubo : Asi yiyo le indhlela, asi siso
esi nesixeko ; ndilandeleni mina, ndandiya
kunikapela endodeni eniyifunayo. Waza
wabakapela e-Samariya. 20 Kwaye kute,
bakufika e-Samariya, wandula wati u-Eli-
sha : YEHOVA ! vula amehlo ab*abantu*, uku-
ze babone. Waza UYEHOVA wavula amehlo
abo, bada babona ; kekaloku naba ke pa-
kati kwe-Samariya.
21 Wayesiti ukumkani wo-Sirayeli ku-
Elisha, akubabona : Ndibabete na, ndiba-
bete na, bawo wami ? 22 Kodwa wati :
Akuyi kubabeta ; unga ubeta na abo uba-
timbileyo ngerele lako nangesipeta sako ?
beka isonka namanzi pambi kwabo, ukuba
badhle basele nokusela, baye enkosini ya-
bo. 23 Waza wabenzela umtendeleko
omkulu ; badhla basela nokusela ; wandula
wabandulula, bemka bona baya enkosini
yabo. Ngako amabandhla ama-Siriya
akabi sapinda ukuza elizweni lakwa-Sira-
yeli.

24 KODWA bekute emva kwoko, ukuba
u-Bene-hadadi ukumkani we-Siriya wahla-
nganisa wonke umkosi wake, wenyuka,
wavingcela i-Samariya. 25 Kwaza kwa-
bako indhlala enkulu e-Samariya ; ngoku-
ba, bona ke, bayivingcela, kwada kwa-
*tengiswa* inkloko yeqwarashe ngamashumi
asibozo *amaqosha* esilivere, nesiqingata
sesine sekabe yelindhle lamahobe ngesihla-
nu *samaqosha* esilivere.
26 Kwaza kwati, nxa ukumkani wo-
Sirayeli abedhlula pezu kwodonga, wakala
umfazi kuye, esiti : Siza, nkosi yami,
kumkani ! 27 Wayesiti : Engakusizi nje
UYEHOVA, kwovela pina ukusiza kwami ?
esibayeni sokubula, esincinezelweni se-
veyine, kusinina ? 28 Walekela wati
ukumkani kuye : Unandawo nina ? Waye-
siti : Umfazi lo wati kumi : Nika unyana
wako, ukuba sitye yena namhla, nonyana
wami siya kumtya ngomso. 29 Kwa
njalo sampeka unyana wami, samtya ke :
ndaza ndati kuye ngomnye umhla : Nika
unyana wako, ukuba simtye ; kodwa wase-
lezimeza unyana wake. 30 Kwaye kute,
akuva ukumkani amazwi alomfazi, waru-
zula izivato zake, nxa abedhlula pezu kwo-
donga ; baza babona abantu ukuba nantsi
inklakanklaka ipezu kwennyama yako
kwa pakati. 31 Wayesiti : Makenje njalo
kumi UTIXO, alekele ukwenje njalo, ukuba
inkloko ka-Elisha unyana ka-Shafate iya
kuma pezu kwake namhla !
32 Kekaloku u-Elisha wahlala endhlwi-
ni yake, nabadala bebehleli naye ; waza
*ukumkani* wasusa indoda ebusweni bake :
kodwa singekafiki isigidimi kuye, wati
kubadala : Niyabona na okokuba lonyana
wombulali utumele ukunqumla inkloko
yami ? kangelani, nxa sifika isigidimi,
valani ucango, nisityalele pandhle eluca-
ngweni ; isandi sennyawo zenkosi yaso
asisemva kwaso na ? 33 Esateta nabo,
bona ke, isigidimi sehlela kuye :—waye-



University of Fort Hare

siti *ukumkani :* Bona ke, ububi obu buvela
KUYEHOVA ; yinina ukuba ndibe ndisate-
mbela KUYEHOVA ?

7 Wandula wati u-Elisha : Yivani ilizwi
LIKAYEHOVA : utsho UYEHOVA ukuti :
Malunga nelixesha langomso *kwotengiswa*
isilinganiso somgubo ocolekileyo ngeshe-
kele, nezilinganiso zibini zeralasi ngeshe-
kele, esangweni le - Samariya. 2 Laza
iduna, owayama ukumkani pezu kwesa-
ndhla salo, lapendula indoda KATIXO, lati :
Bona ke, UYEHOVA esenza izituba ezulwini
nje, ibingabako lento na ? Yayisiti : Bona
ke, uya kuyibona ngamehlo ako, kodwa
akuyi kutya kokwayo.

3 Kekaloku bekuko amadoda amane
engamaleperi ngasemnyango wesango : ati
ke wona ennye kwennye : Sihlalela nina
apa, side sife ? 4 ukuba siti : Siya kungena
esixekweni, indhlala isesixekweni ke, sa-
siya kufa kona ; nokuba sihlala apa, siya
kufa kanjalo : ngako kaloku, hambani, si-
pongomele emkosini wama-Siriya ; ukuba
ayasilondoloza ebomini, siya kubudhla ubo-
mi ; nokuba ayasifisa, siya kufa kodwa.
5 Aza esuka pakati kwoncwalazi ukuya
emnqubeni wama-Siriya : xeshekweni abe-
fikile esipelweni somnquba wama-Siriya,
bona ke, kwakungeko kona namntu. 6
Ngokuba INKOSI ibivisile umkosi wama-
Siriya inklokoma yennqwelo, nenklokoma
yamahashe, inklokoma yempi enkulu ;
andula ati omnye kwomnye : Bona ke, u-
kumkani wo-Sirayeli ubaqeshile ngakuti
okumkani bama-Hete, nokumkani bama-
Jipete, ukusizuma. 7 Abesukile ngako,
esaba pakati kwoncwalazi, ashiya intente
zawo, namahashe awo, namaqwarashe awo,
umnquba njengokuba ubunjalo, esabela
ubomi bawo.

8 Kwa njalo amaleperi la eza esipelweni
somnquba, angena ententeni, atya asela
nokusela, asusa kona isilivere, negolide,
nezivato, aya azifihla ; aza abuya eza,
angena kwennye intente, asusa nakona,
aya afihla kanjalo. 9 Andula ati elinye
kwelinye : Asenzi tina ngokufaneleyo ;
umhla lo ngumhla wendaba ezilungileyo,
kanti tina siti cwaka : ukuba siyalinda
kude kukanye ukusa, sesiya kuzuza ityala ;
ngako kaloku hambani, siye sixelele indhlu
yokumkani. 10 Asuka eza, abiza kumgci-
nisango wesixeko, ashumayela kubo, esiti :
Kaseza emnqubeni wama - Siriya, keka-
loku bona ke, bekungeko kona namntu,
nelizwi labantu, kodwa amahashe ebotshe-
lelwe, namaqwarashe ebotshelelwe, nente-
nte njengokuba zibe zinjalo. 11 Waza
wabiza abagcinisango, abaxelelayo indhlu
yokumkani pakati.

12 Wandula wesuka ukumkani ebusu-
ku, wati kuzo izicaka zake : Ndonixelela
kambe into ayenzileyo kuti ama-Siriya.
Ayakwazi ukuba silambile ; ngako apumile
emnqubeni ukuya kuzimela endhle, esiti :
Nxa bapumileyo esixekweni, sobabamba
behleli, singene esixekweni ke. 13 Waza
wapendula owasezicakeni zake, wati : Ma-
kutatyatwe ke amahlanu kuwo amahashe
aseleyo, lawo aseleyo pakati kwalapa ;
(bona ke, oba njengaso sonke isihlwele so-
Sirayeli abaseleyo pakati kwalapa ; bona
ke, oba njengaso sonke isihlwele so-Sirayeli
abagqityelweyo ;) size situme sibone. 14
Kwaye kutatyatwa amahashe ennqwelo
ezimbini ; waza watuma ukumkani emva
kwomkosi wama-Siriya, esiti : Hambani
nibone. 15 Basuka bawalandela kwada
kwakuyo i-Yoredane : kekaloku, bona ke,
yonke indhlela ibizele zizivato nempahla,
abezilahlile ama-Siriya ekunxameni kwa-
wo. Zandula zabuya izigidimi, zashuma-
yela kukumkani.

16 Basuka bapuma abantu, bapanga
umnquba wama-Siriya. Kwaza kwa*tengi-
swa* isilinganiso somgubo ocolekileyo nge-
shekele, nezilinganiso zibini zeralasi nge-
shekele, njengelizwi LIKAYEHOVA. 17 Wati
ukumkani walipatisa iduna, elo wayama
pezu kwesandhla salo, pezu kwesango ;
baza abantu balinyatela esangweni, lada
lafa, njengokuba ibitetile indoda KATIXO,
eyatetayo nxa ukumkani wehlela kuyo.
18 Kwaye kute ke njengokuba indoda KA-
TIXO ibitetile kukumkani, isiti : Kuya ku-
*tengiswa* izilinganiso zibini zeralasi nge-
shekele, nesilinganiso somgubo ocolekileyo
ngeshekele, malunga nelixesha langomso,
esangweni le-Samariya. 19 Laye iduna
elo beliyipendula indoda KATIXO, lati :
Bona ke, UYEHOVA esenza izituba ezulwini
nje, ibingabako lento na ? Yaza yati :
Bona ke, uya kuyibona ngamehlo ako, ko-
dwa akuyi kutya kokwayo. 20 Kwalihlela
njalo ke ; ngokuba abantu bebelinyatela
esangweni, lada lafa.

8 KEKALOKU u-Elisha ebetetile kum-
fazi lowo unyana wake abembuyisele
ekudhliweni kwobomi, esiti : Suka, uhambe



University of Fort Hare
Together in Excellence

wena nendhlu yako, uye upambukele apo
ungapambukela kona: ngokuba UYEHOVA
ebizile indhlala; kanjako iya kuza elizwe-
ni iminyaka esixenxe. 2 Wayesukile um-
fazi lowo, wenza ngalo ilizwi lendoda
KATIXO: wahamba yena nendhlu yake,
waya wapambukela elizweni lama-Filistiya
iminyaka yasixenxe.
3 Kwaye kute, ekupeleni kweminyaka
isixenxe, waselebuya umfazi lowo elizweni
lama-Filistiya; waza wapuma ukuya ku-
kala kukumkani ngennxa yendhlu yake,
nangennxa yomhlaba wake. 4 Kekaloku
ukumkani wateta no-Gehazi, isicaka sen-
doda KATIXO, esiti: Zundixoxele zonke
izinto ezinkulu azenzileyo u-Elisha. 5
Kwaza kwati, nxa abemxoxela ukumkani
okokuba ebebuyisele ekudhliweni kwobo-
mi umntu ofileyo, bona ke, lomfazi, onyana
wake abembuyisele ekudhliweni kwobo-
mi, wakala kukumkani ngennxa yendhlu
yake, nangennxa yomhlaba wake. Wa-
ndula wati u-Gehazi: Nkosi yami, kumka-
ni! nguye lo umfazi, nguye lo nonyana
wake owabuyiselwa ekudhliweni kwobomi
ngu-Elisha. 6 Waza ukumkani wambuza
umfazi, wati yena wamxoxela. Wandula
ukumkani wammisela umbusi, esiti: Bu-
yisa konke okube kukokwake, nazo zonke
imveliso zomhlaba, kwa semhleni wabe-
shiya ilizwe kwada kwakaloku.
7 Waya u-Elisha weza e-Damakusi, nxa
u-Bene-hadadi ukumkani we-Siriya ebesi-
fa; kwaza kwaxelwa kuye, kusitwa: Indo-
da KATIXO ifikile apa. 8 Waza wati uku-
mkani ku-Hazayeli: Tabata ibaso esa-
ndhleni sako, uhambe, uye kukaulela
indoda KATIXO, ubuze KUYEHOVA ngayo,
usiti: Ndiya kupila na kwesisifo? 9 Wa-
hamba u-Hazayeli waya kuyikaulela, wa-
tabata ibaso esandhleni sake, kwa zonke
izinto ezilungileyo zase-Damakusi, umtwa-
lo wenkamela ezimashumi mane; wayesiza
wema ebusweni bayo, wati: Unyana wako
u-Bene-hadadi, ukumkani we-Siriya, undi-
tumile kuwe ukuti: Ndiya kupila na kwe-
sisifo? 10 Waza u-Elisha wati kuye:
Hamba, uti kuye: Ungapila kambe. Ko-
dwa UYEHOVA undibonisile ukuba uya kufa
yena ngennyaniso. 11 Wandula wabekisa
ubuso bake ngokuti nqi, wada wadana;
yati indoda KATIXO yalila. 12 Wayesiti
u-Hazayeli: Ulilela nina inkosi yami? Yati
ke: Ngokuba ndibazi ububi oya kubenza
elusatsheni luka-Sirayeli: innqaba zalo
wozilahlela emlilweni, namadodana alo
wowabulala ngesirele, nentsatshana zalo
wozityumza, nabamitiyo balo wobaqangqu-
lula. 13 Wayesiti u-Hazayeli: Kodwa
siyinto nina isicaka sako, siyinja na, ukuba
siyenze lento inkulu? Wati u-Elisha:
UYEHOVA undibonisile ukuba wena woba
ngukumkani pezu kwe-Siriya. 14 Wandu-
la wemka ku-Elisha, weza enkosini yake,
eyati kuye: Wati nina kuwe u-Elisha?
Wayesiti: Ute kumi: Uya kupila ngen-
nyaniso. 15 Kwaye kute ngomnye umhla,
watabata inncawe enklakanklaka, wayifaka
emanzini, wayandhlala ebusweni bayo,
yada yafa; waza u-Hazayeli waba nguku-
mkani esikundhleni sayo.

16 KEKALOKU ngomnyaka wesihlanu
ka-Yorame unyana ka-Ahabi ukumkani
wo-Sirayeli, nxa u-Yehoshafate ebenguku-
mkani wo-Juda, waba ngukumkani u-Ye-
horame unyana ka-Yehoshafate ukumkani
wo-Juda. 17 Ebeyiminyaka imashumi
matatu anamibini ubudala bake, akuba
ngukumkani, wapata ubukumkani e-Yeru-
saleme iminyaka yasibozo. 18 Wayeha-
mba endhleleni yokumkani bo-Sirayeli,
njengokuba benje njalo indhlu ka-Ahabi;
ngokuba intombi ka-Ahabi ibingumfazi
wake; wayesenza okukohlakeleyo eme-
hlweni KAYEHOVA. 19 Kodwa UYEHOVA
ebengavumi ukutshabalalisa o-Juda, ngen-
nxa ka-Davide isicaka sake; njengokuba
ebetshilo kuye, ukuba uya kunika isibane
kuye, *na*konyana bake, amaxesha onke.
20 Emihleni yake ama-Edome apongo-
ma pantsi kwesandhla so-Juda, enza uku-
mkani pezu kwawo. 21 Waza u-Yorame
wagqitela e-Tsahire, nazo zonke innqwe-
lwana kunye naye; waselesuka ebusuku,
wabeta ama-Edome abemgqonga, nenkosi
zennqwelwana; baye abantu besabela ezin-
tenteni zabo. 22 Noko ama-Edome apo-
ngoma pantsi kwesandhla so-Juda kwada
kwanamhla nje. Kwandula kwapongoma
i-Libena kwa ngeloxesha ke.
23 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Yorame, nako konke abekwenza, ayibàlwa-
nga na yona ennewadini yemicimbi yemi-
hla ngemihla yokumkani bo-Juda? 24
Wada u-Yorame walala noyise bake,
wancwatywa noyise bake esixekweni
sika-Davide; waza u-Ahaziya unyana
wake waba ngukumkani esikundhleni
sake.



University of Fort Hare

25 Ngomnyaka weshumi linesibini ka-
Yorame unyana ka-Ahabi ukumkani wo-
Sirayeli, waba ngukumkani u-Ahaziya
unyana ka-Yehorame ukumkani wo-Juda.
26 Ebeyiminyaka imashumi mabini ana-
mibini u-Ahaziya ubudala bake, akuba
ngukumkani; ubungamnyaka 'mnye wa-
pata ubukumkani e-Yerusaleme. Igama
lonina lalingu-Hataliya, intombi ka-Omri
ukumkani wo-Sirayeli. 27 Wayehamba
endhleleni yendhlu ka-Ahabi, wenza oku-
kohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA, nje-
ngendhlu ka-Ahabi: ngokuba ebengumyeni
kwindhlu ka-Ahabi. 28 Waya no-Yorame
unyana ka-Ahabi, ukulwa ngakuye u-Ha-
zayeli ukumkani we-Siriya, e-Ramote yase-
Gileyadi; aza ama-Siriya ambeta u-Yora-
me. 29 Ngako wabuya u-Yorame uku-
mkani ukuya kupoliswa e-Yezerele ema-
nxebeni abewenzelwe ngama-Siriya e-
Rama, ekulweni kwake no-Hazayeli uku-
mkani we-Siriya. Waza wehla u-Ahaziya
unyana ka-Yehorame ukumkani wo-Juda,
ukuya kubona u-Yorame unyana ka-Ahabi
e-Yezerele, ngokuba ebesifa.

9 WANDULA u-Elisha umprofite wabiza
omnye konyana babaprofite, wati kuye:
Binqa isinqe sako, utabate eligutyana leoli
esandhleni sako, uye e-Ramote yase-Gile-
yadi: 2 uti wakufika kona, umkangelele
apo u-Jehu, unyana ka-Yehoshafate, unya-
na ka-Nimshi, ungene, umenze asuke pa-
kati kwabazalwana bake, umzise enkambi-
lini yapakati; 3 uze utabate igutyana
leoli, uyigalele pezu kwenkloko yake, uti:
Utsho UYEHOVA ukuti: Ndikutambisile ube
ngukumkani pezu kwo-Sirayeli. Wandule
uvule ucango, usabe, ungalibali. 4 Yasu-
ka indodana leyo, indodana engumprofite,
yaya e-Ramote yase-Gileyadi.
5 Kekaloku yakufika, bona ke, inkosi
zempi zibe zihleli *kona*; yaza yati: Ndi-
nelizwi kuwe, nkosi! Wati u-Jehu: Ku-
wupina kuti sonke? Yayisiti: Kuwe,
nkosi! 6 Wesuka ke, wangena endhlwini;
yaza yayigalela ioli pezu kwenkloko yake,
yati kuye: Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli, ukuti: Ndikutambisile ube nguku-
mkani pezu kwabantu BAKAYEHOVA, pezu
kwo-Sirayeli: 7 wauya kubeta indhlu
ka-Ahabi inkosi yako, ukuba ndipindezele
igazi lezicaka zami abaprofite, negazi lazo
zonke izicaka ZIKAYEHOVA, esandhleni sika-
Jezebele: 8 ngokuba yonke indhlu ka-
Ahabi iya kutshabalala; ndandiya kunqa-
mlela u-Ahabi lowo unobudoda, nalowo
uvaliweyo nalowo ukululekileyo, kwa-Si-
rayeli; 9 ndenze indhlu ka-Ahabi njenga-
yo indhlu ka-Jerobome unyana ka-Nebati,
nanjengayo indhlu ka-Bahasha unyana ka-
Ahiya: 10 no-Jezebele izinja ziya kumdhla
ennqeleni yase-Yezerele, kungayi kubako
namnye ukumncwaba. Yaza yavula uca-
ngo, yabaleka.
11 Wandula u-Jehu wapumela kuzo izi-
caka zenkosi yake; kwaza kwatiwa kuye:
Kulungile na? ebezela nina kuwe eloge-
za? Wayesiti kuzo: Niyayazi indoda leyo,
nokuteta kwayo. 12 Koko zati: Uyaxoka;
sixelele kambe. Wayesiti: Njengokunjo
nanjengokunje yateta kumi, isiti: Utsho
UYEHOVA ukuti: Ndikutambisile ube ngu-
kumkani pezu kwo-Sirayeli. 13 Zaza za-
nxama ke, zatabata ezinnye ngezinnye
ingubo yazo, zayibeka ngapantsi kwake
kwa pezu kwezinyukelo, zavutela ngexilo-
ngo, zati: Uba ngukumkani u-Jehu! 14
Wandula u-Jehu, unyana ka-Yehoshafate,
unyana ka-Nimshi, wenza ingcebiswano
ngakuye u-Yorame. (Kekaloku u-Yorame
wabegcina i-Ramote yase-Gileyadi, yena
no-Sirayeli bonke, ngennxa ka-Hazayeli
ukumkani we-Siriya; 15 kodwa ebebuyile
u-Yorame ukumkani ukuya kupoliswa e-
Yezerele emanxebeni abewenzelwe ngama-
Siriya ekulweni kwake no-Hazayeli uku-
mkani we-Siriya.)
Wayesiti u-Jehu: Ukuba kungumxèlo
wenu, makangapumi osindileyo esixekwe-
ni ukuya kushumayela *oku* e-Yezerele.
16 Waza wakwela u-Jehu ennqwelwaneni,
wahambela e-Yezerele; ngokuba u-Yorame
ebelele kona. Kanjalo u-Ahaziya uku-
mkani wo-Juda ebehlile ukuza kumbona
u-Yorame. 17 Kekaloku umlindi ebemi
pezu kwennqaba e-Yezerele, owabona isi-
hlwele sika-Jehu ekuzeni kwake, wati:
Ndiyabona isihlwele mina. Waza wati u-
Yorame: Tabata umkweli, umtume ukuya
kubakaulela, aze ati: Luxolo na? 18 Wa-
suka waya umkweli wehashe ukumkaulela,
wati: Utsho ukumkani ukuti: Luxolo na?
Wayesiti u-Jehu: Uxolo luyinto nina ku-
we? jikela ngasemva kwami. Waxela
umlindi, esiti: Isigidimi seza kubo, kodwa
asibuyi. 19 Waza watuma umkweli we-
hashe ngokwesibini, owafika kubo, wati:
Utsho ukumkani ukuti: Luxolo na? Wa-
yesiti u-Jehu: Uxolo luyinto nina kuwe?



University of Fort Hare
Together in Excellence

jikela ngasemva kwami. 20 Waxela ke
umlindi, esiti: Weza kubo, kodwa akabu-
yi; kanjako ukuqùba kunjengokuqùba
kuka-Jehu unyana ka-Nimshi, ngokuba
eqùba ngobugeza. 21 Wandula wati u-
Yorame: Bopa. Kwaza kwabotshwa in-
nqwelwana yake. Wasuka wapuma u-Yo-
rame ukumkani wo-Sirayeli, no-Ahaziya
ukumkani wo-Juda, omnye nomnye en-
nqwelwaneni yake; baye bepuma ukuya
kukaulela u-Jehu, bahlangana naye esahlu-
lweni *somhlaba* sika-Nabote um-Yezerele.
22 Kwaye kute, nxa u-Yorame wambona
u-Jehu, waza wati: Luxolo na, Jehu?
Wayesiti: Luxolo olunina, nxa imibulo
ka-Jezebele unyoko wako, nezenzo zobugqi
zake, ziseninzi *kangaka?* 23 Waza u-Yo-
rame wasonga izandhla zake, wesaba, wati
ku-Ahaziya: Kuko inkohliso, Ahaziya!
24 Kuloko u-Jehu wabamba isipeta ngesa-
ndhla sake, wambeta u-Yorame pakati kwe-
mikono yake, ukuba utolo lwapuma enkli-
ziyweni yake, waza watoba pantsi ennqwe-
lwaneni yake. 25 Wandula wati *u-Jehu*
ku-Bidekare injengele yake: Funqula, um-
pose kwesosahlulo somhlaba sika-Nabote
um-Yezerele: ngokuba kumbula, nxa sanxu-
lumana mina nawe ukukwela emva kwo-
Ahabi uyise, okokuba UYEHOVA wabeka
pezu kwake lomgwebo *wokuti:* 26 Ngen-
nyaniso igazi lika-Nabote, negazi lonyana
bake, ndilibonile izolo, utsho UYEHOVA;
ndandiya kupindezela kuwe kwesisahlulo
*somhlaba*, utsho UYEHOVA! Ngako kaloku,
funqula, umpose kwesosahlulo *somhlaba*,
njengalo ilizwi LIKAYEHOVA.
27 Kodwa u-Ahaziya ukumkani wo-Juda,
akubona *oku*, wesaba ngendhlela yendhlu
yomyezo. Wasuka u-Jehu wamputuma,
wati: Mbeteni naye ennqwelwaneni. *Benje
njalo ke* eqineni le-Gure, elingase-Yibela-
me; wandula wesabela e-Megido, wafa
kona. 28 Zaza izicaka zake zamsa ngen-
nqwelwana e-Yerusaleme, zamncwaba
encwabeni lake ndawonye noyise bake
esixekweni sika-Davide. 29 Ngomnyaka
weshumi elinamnye ka-Yorame unyana
ka-Ahabi, waba ngukumkani u-Ahaziya
pezu kwo-Juda.
30 Wada wafika u-Jehu e-Yezerele.
Wati akuva u-Jezebele, wafaka amehlo ake
iqabo, wayenza 'nkle inkloko yake, waka-
ngela pandhle ngefenstile. 31 Nxa u-
Jehu abengena esangweni, wandula wati:
*Bekuko* uxolo na ku-Zimri, owabulalayo
inkosi yake? 32 Waza wapakamisa ubuso
bake ngasefenstileni, wati: Ngubanina
ongecala lami? ngubanina? Kwaza kwa-
kangela pandhle ngakuye abatenwa babini
umhlaumbi batatu. 33 Wayesiti: Mka-
hleleni pantsi. Bamkahlela pantsi ke;
kwaza kwasasazwa kwigazi lake pezu kwo-
donga, napezu kwamahashe; wamnyatela
kanjalo. 34 Waza wangena, wadhla wa-
sela nokusela, wati: Yiyani nikangele lom-
fazi oqalekisiweyo, nimncwabe, ngokuba
eyintombi yokumkani. 35 Basuka baya
ukumncwaba; kodwa abafumana 'nto ku-
ye, kupela lukakai, nenyawo, nentende
zezandhla. 36 Ngako babuya beza, bam-
xelela. Wayesiti: *Lento* lilizwi LIKAYE-
HOVA, elo walitetayo ngesicaka sake u-
Elija um-Tishebi, lisiti: Ennqeleni yase-
Yezerele izinja ziya kuyidhla inyama
ka-Jezebele: 37 saye isidumbu sika-Jeze-
bele siya kuba njengomgquba pezu kwo-
buso bomhlaba, ennqeleni yase-Yezerele;
ukuba akuyi kutiwa: Lo ungu-Jezebele.

10 WAYE u-Ahabi ebenonyana abanga-
mashumi asixenxe e-Samariya. Waza
u-Jehu wabàla inncwadi, watumela e-Sa-
mariya, kwinkosana zase-Yezerele, kwaba-
dala, nakwabondhli *babantwana* baka-Ahabi,
esiti: 2 Kekaloku yakufika lenncwadi ku-
ni, benani onyana benkosi yenu nje, zinani
kanjalo innqwelwana namahashe, nesixeko
esinqatyisiweyo, nezixòbo; 3 kangelelani
lowo ulungileyo nofaneleyo konyana ben-
kosi yenu, nimbeke pezu kweterone yo-
yise; nize nilwele indhlu yenkosi yenu.
4 Kodwa bebesoyika kakulu kunene, bati:
Bona ke, okumkani bebabini abema pambi
kwake; sesiya kuti nina ukuma tina? 5
Baza obepezu kwendhlu, nobepezu kwesi-
xeko, nabadala, nabondhli, batuma ku-Jehu,
ukuti: Sizizicaka zako tina, nako konke uya
kusixelela kona siya kukwenza; asiyi
kumenza namnye umntu ukumkani; yenza
oko kulungileyo emehlweni ako.
6 Wandula wabàla inncwadi kubo ngo-
kwesibini, esiti: Ukuba ningabami, noku-
ba niya kupulapula ilizwi lami, zitabateni
inkloko zamadoda, zonyana benkosi yenu,
nize kumi e-Yezerele malunga nelixesha
langomso. Kekaloku onyana bokumkani,
bengamadoda angamashumi asixenxe, be-
benabakulu besixeko abebebakulisile. 7
Kwaza kwati, yakufika inncwadi leyo
kubo, batabata onyana bokumkani, babu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lala amadoda angamashumi asixenxe, ba-
beka inkloko zawo ezingobozini, bazitume-
la kuye e-Yezerele. 8 Kwaye kusiza isi-
gidimi, esashumayela kuye, sisiti: Bazisile
inkloko zonyana bokumkani. Wayesiti:
Zibekeni ngemfumba zimbini emnyango
wesango kude kuse. 9 Kwabekute kwa-
kusa, wapuma, wema, wati kubo bonke
abantu: Nina nilungile; bona ke, ndaceba
ngakuyo inkosi yami, ndayibulala; kodwa
ngubanina obabuleleyo bonke aba? 10 ya-
zini kambe, ukuba akuyi kuwa nento yeli-
zwi LIKAYEHOVA ngasemhlabeni, owaliteta-
yo UYEHOVA pezu kwendhlu ka-Ahabi:
ngokuba UYEHOVA ekwenzile oko wakute-
tayo ngesicaka sake u-Elija. 11 Wandula
u-Jehu wabulala bonke abaseleyo kwin-
dhlu ka-Ahabi e-Yezerele, nabo bonke
abakulu bake, nabazane bake, nabaperisite
bake, wada akamshiyela namnye oseleyo.

12 Wada wesuka, wemka, waya e-Sama-
riya. Nxa abese-Bete-hekede yabalusi,
endhleleni, 13 u-Jehu wafumanana naba-
zalwana baka-Ahaziya ukumkani wo-Juda,
wati: Ningobanina? Baye besiti: Tina
singabazalwana baka-Ahaziya; sasihlile
ukuza kubulisa onyana bokumkani nonya-
na bokumkanikazi. 14 Wand' ukuti:
Babambeni behleli. Baza bababamba be-
hleli, bababulala ngasemnxunyeni wase-
Bete-hekede, bengamadoda angamashumi
mane anesibini; akasalisa namnye kubo.

15 Nxa abemkile kona, wafumanana
no-Yehonadabi, unyana ka-Rekabe, *esiza*
ukumkaulela; waza wambulisa, wati kuye:
Inkliziyo yako ilungelelene na, njengokuba
inkliziyo yami *ilungelelene* nenkliziyo yako?
Wayesiti u-Yehonadabi: Injalo. Ukuba
injalo, ndinike isandhla sako. Wanika ke
isandhla sake; waza wamnyukisela kuye
ennqwelwaneni. 16 Wayesiti: Hamba
nami, ubone ikwele lami ngennxa KAYEHO-
VA. Kwa njalo bamkwelisa ennqwelwa-
neni yake.

17 Wati akufika e-Samariya, wabulala
bonke abaseleyo ku-Ahabi e-Samariya,
wada wamtshabalalisa; njengelizwi LIKA-
YEHOVA, elo wabelitetile ku-Elija.

18 Wandula u-Jehu wabahlanganisa
bonke abantu, bati kubo: u-Ahabi wako-
nza u-Bali ngokuncinane; u-Jehu uya
kumkonza ngokukulu. 19 Ngako kaloku,
bizani bonke abaprofite baka-Bali, zonke
izicaka zake, nabo bonke abaperisite bake,
beze kumi; makungabiko namnye ongeko-
yo: ngokuba ndinombingo omkulu *wokwe-
nzelwa* u-Bali; osukuba eya kuba engeko,
akayi kudhla ubomi. Kodwa u-Jehu we-
nza ngobuqinga, ukuze ababubise abakonzi
baka-Bali. 20 Walekela wati u-Jehu:
Miselani u-Bali inklanganiso enkulu.
Baza bashumayela ke. 21 Waye u-Jehu
kanjalo watuma pakati kwe-Sirayeli yo-
nke; bandula beza bonke abakonzi baka-
Bali, kwada akwasala namnye obengezi:
baye besiza endhlwini ka-Bali, ukuba
indhlu ka-Bali ibizele kwa kwennye in-
ncame kwada kwakwennye. 22 Wandula
wati kulowo ubepezu kwendhlu yezivato:
Kupela bonke abakonzi baka-Bali izivato.
Wabakupela izivato ke. 23 Waza wange-
na u-Jehu, no-Yehonadabi unyana ka-Re-
kabe, endhlwini ka-Bali, wati kubo abako-
nzi baka-Bali: Pengululani, nibone ukuba
kungabiko apa nani namnye wabakonzi
BAKAYEHOVA, kubeko abakonzi baka-Bali
bodwa. 24 Kekaloku bakungena ukwenza
imibingelelo namadini okutshiswa, wandu-
la u-Jehu wawamisa ngapandhle amadoda
angamashumi asibozo, wati: Lowamntu,
kuwo onke amadoda endiwazisileyo eza-
ndhleni zenu, osindayo, ubomi bake *omsi-
ndisayo* boba sesikundhleni sobomi bake.

25 Kwaye kute, nxa abegqibile ukwe-
nza idini lokutshiswa, wati u-Jehu kumli-
sela nakuzo injengele: Ngenani, babeteni,
makungapumi namnye. Baza bababeta
ngohlangoti lwerele; kanjalo umlisela
nenjengele babaposa pandhle, baya esixe-
kweni sendhlu ka-Bali. 26 Bandula ba-
kupa izifanekiso endhlwini ka-Bali, bazi-
tshisa. 27 Kanjako basicita isifanekiso
sika-Bali; bayicita nendhlu ka-Bali, ba-
yenza ibe yindhlu yelindhle kude kwa-
namhla.

28 Kwa njalo u-Jehu watshabalalisa u-
Bali kwa-Sirayeli. 29 Kodwa izono zika-
Jerobome unyana ka-Nebati, owenzayo
o-Sirayeli bone, akapambuka u-Jehu eku-
zilandeleni, kwa amatole egolide abese-
Betele nabese-Dane.

30 Waza UYEHOVA wati ku-Jehu: Ngen-
nxa yokuba ulungisile ukwenza okufane-
leyo emehlweni ami, *ukuba* wenzile kwin-
dhlu ka-Ahabi njengako konke obekusen-
kliziyweni yami, onyana bako besesine
*isizukulwana* baya kuhlala pezu kweterone
yakwa-Sirayeli. 31 Kodwa u-Jehu akalu-
mkela ukuhamba emtetweni KAYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, ngayo yonke inkliziyo



University of Fort Hare
Together in Excellence

yake; akapambuka kuzo izono zika-Jero-
bome, owenzayo o-Sirayeli bone.
32 Ngaleyomihla waqala UYEHOVA uku-
nqamla kwa-Sirayeli: ngokuba u-Hazayeli
wababeta kuyo yonke imida yakwa-Sira-
yeli; 33 *kutabata* e-Yoredane ngasekupu-
meni kwelanga, lonke ilizwe le-Gileyadi,
elama-Gadi, nelama-Rubene, nelama-Ma-
nase; kuyo i-Harohere, engasemlanjeni
we-Arenone, ne-Gileyadi, ne-Bashane.
34 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Jehu, nako konke abekwenza, nawo onke
amandhla ake, ayibàlwanga na yona en-
newadini yemicimbi yemihla ngemihla
yokumkani bo-Sirayeli? 35 Wada walala
u-Jehu noyise bake, wancwatywa e-Sama-
riya; waza u-Yehowahazi unyana wake
waba ngukumkani esikundhleni sake. 36
Nemihla abepata ubukumkani u-Jehu pezu
kwo-Sirayeli, ibiyiminyaka engamashumi
mabini anesibozo.

11 KEKALOKU u-Hataliya, unina ka-
Ahaziya, akubona ukuba unyana wake
ufile, wandula wesuka wabubisa yonke
inzalo yobukumkani. 2 Kodwa u-Yeho-
sheba, intombi yokumkani u-Yorame, uda-
de ka-Ahaziya, wamtabata u-Yohashe unya-
na ka-Ahaziya, wambà pakati kwonyana
bokumkani ababebulewe, *wambeka* yena
nomanyisikazi wake enkambilini yemi-
ndhlalo: kwa njalo bamfihla ku-Hataliya,
ukuba wabengabulawa. 3 Wayeko naye
endhlwini KAYEHOVA ezimele *kona* iminya-
ka yamitandatu. Waza u-Hataliya wapata
ubukumkani pezu kwelizwe.
4 Kodwa ngomnyaka wesixenxe watuma
u-Yoyada, watabata inkosi zamakulu, eza-
madindili nezomlisela, wazingenisa kuye
endhlwini KAYEHOVA, walwenza ucebano
nazo, wazifungisa endhlwini KAYEHOVA,
wazibonisa unyana wokumkani. 5 Waza
waziyalela ngokuti: Nantsi indawo eniya
kuyenza: esinye isiqingata sesitatu kuni
eningenayo ngesabata, bona boba ngaba-
gcini bokugcinwa kwendhlu yokumkani;
6 nesinye isiqingata sesitatu, boba sesa-
ngweni le-Sure; nesinye isiqingata sesita-
tu, boba sesangweni emva kwomlisela:
kwa njalo niya kugcina ukugcinwa kwen-
dhlu, kuze kukweleliswe. 7 Kanjako iza-
hlulo zibini pakati kwenu nonke enipuma-
yo ngesabata, bona baya kugcina ukugci-
nwa kwendhlu KAYEHOVA ngakuye uku-
mkani. 8 Naniya kujikelezela ukumkani
ngokuti ngqonga, abanye ngabanye bene-
zixòbo zabo ezandhleni zabo; nalowo
ungenayo pakati kwamahlukahluka, maka-
fiswe: nize nibeko nokumkani ekupumeni
kwake nasekungeneni kwake.
9 Zaye zisenza inkosi zamakulu nje-
ngako konke abeyalele ngako u-Yoyada
umperisite, zatabata ezinnye ngezinnye
amadoda azo, lawo abeya kungena ngesa-
bata, kunye nalawo abeya kupuma ngesa-
bata, zeza ku-Yoyada umperisite. 10 Wa-
za umperisite wanika kuzo inkosi zamaku-
lu izikali namakaka, ezo ezibe zizezoku-
mkani u-Davide, ezibe zisendhlwini KA-
YEHOVA. 11 Ati amadoda omlisela ema
amanye ngamanye enezixòbo zawo eza-
ndhleni zawo, kwa kulo elokunene icala
lendhlu kwada kwakulo elokohlo icala len-
dhlu, ngasesibingelweni nangasendhlwi-
ni, kufupi nokumkani ngokuti ngqonga.
12 Wandula wamkupa unyana wokumkani,
wayibeka ikrone pezu kwenkloko yake,
*wamnika* nesinqìno; baza bamenza ukumka-
ni, bamtambisa; kanjalo babambata iza-
ndhla, bati: Makapile ukumkani!
13 Wati akuva u-Hataliya inklokoma yom-
lisela *ne*yabantu, wasuka weza ebantwini
endhlwini KAYEHOVA. 14 Waza wakangela,
kekaloku nankuya ukumkani emi pezu
kwendawo epezulu, njengokuba isiko *beli-
njalo*, nenkosi nabanamaxilongo ngakuye
ukumkani; bati bonke abantu belizwe ba-
vuya, bavutela ngamaxilongo. Wandula
u-Hataliya warazula izivato zake, wabiza
*ngokuti:* Yingcebiswano, yingcebiswano!
15 Koko u-Yoyada umperisite wayalelayo
inkosi zamakulu, abongama bempi, wati
kuzo: Mkupeleni pandhle kwamahluka-
hluka; nalowo umlandelayo nimfise nge-
rele. Ngokuba ebete umperisite: Maka-
ngafiswa endhlwini KAYEHOVA. 16 Kwaza
kwamkwelelwa amacala omabini; waya
ngendhlela yokungena kwamahashe ukuza
endhlwini yokumkani; wafiswa apo ke.
17 Wandula u-Yoyada walwenza uceba-
no pakati KWOYEHOVA nokumkani nabantu,
ukuba babe ngabantu BAKAYEHOVA; napa-
kati kwokumkani nabantu. 18 Baza ba-
ngena bonke abantu belizwe endhlwini
ka-Bali, bayicita: izibingelo zake nemifa-
nekiso yake bakolisa ukuziqekeza, no-Ma-
tane umperisite ka-Bali bambulala pambi
kwezibingelo. Wati umperisite kanjalo
wamisa abalindi endhlwini KAYEHOVA. 19
Wandula watabata inkosi zamakulu, nama-





University of Fort Hare
Together in Excellence

dindili, nomlisela, nabo bonke abantu beli-
zwe, abehlayo nokumkani kuyo indhlu
KAYEHOVA, beza ngendhlela yesango lom-
lisela endhlwini yokumkani. Waza wa-
hlala pezu kweterone yabo okumkani. 20
Baye bevuya bonke abantu belizwe, sati
isixeko sanokwonwaba; no-Hataliya be-
bemfisile ngerele ngasendhlwini yoku-
mkani.

12 EBEYIMINYAKA isixenxe u-Yeho-
hashe ubudala bake, akuba nguku-
mkani. Ngomnyaka wesixenxe ka-Jehu
waba ngukumkani u-Yehohashe, wapata
ubukumkani iminyaka yamashumi mane e-
Yerusaleme. Igama lonina belingu-Tsibiya,
owase-Beresheba. 2 Waye u-Yehohashe
esenza okufaneleyo emehlweni KAYE-
HOVA yonke imihla yake, leyo wabemfu-
ndisa ngayo u-Yoyada umperisite. 3 Ko-
dwa indawo ezipakamileyo bezingasuswa:
abantu basabinga baqumisa ezindaweni
ezipakamileyo.

4 Wada wati u-Yehohashe kubaperisite:
Yonke imali yezinto ezingcwele eziswayo
endhlwini KAYEHOVA, imali yalowo ugqi-
tela *kwababalweyo*, *n*emali yeziqu esinye
ngesinye *njengo*kulinganiswa kwaso, *nayo*
yonke imali ekungena enkliziyweni yom-
ntu ukuyizisa endhlwini KAYEHOVA,
5 mabati abaperisite bayitabatele kubo,
*besamkela* abanye ngabanye kubazane ba-
bo; bandule balungise intanda zendhlu,
apo kusukuba kuya kufunyanwa kona in-
tanda.

6 Kodwa kwakute ngomnyaka wama-
shumi mabini anesitatu wokumkani u-
Yehohashe, abaperisite bebengalungisanga
intanda zendhlu. 7 Wandula ukumkani
u-Yehohashe wabiza u-Yoyada umperisite,
n*abanye* abaperisite, wati kubo: Kungani-
na ukuba ningazilungisi intanda zendhlu?
ngako kaloku ningabi nisamkela imali
kubazane benu, koko yinikeleni intanda
zendhlu.

8 Bavuma ke abaperisite ukuba bangabi
besamkela imali ebantwini, nokuba banga-
lungisi intanda zendhlu. 9 Kodwa u-Yoyada
umperisite watabata ityeya, wajigija in-
tunja esicikweni sayo, wayibeka ngasesi-
bingelweni, ngecala lasekunene ekungene-
ni kwomntu endhlwini KAYEHOVA; baza
abaperisite abagcinayo umnyango bafaka
kona yonke imali ebiziswa kuyo indhlu
KAYEHOVA.

10 Kwabekute, xeshekweni babona u-
kuba imali etyeyeni ininzi, kwenyuka
umbàli wokumkani nomperisite omkulu,
bayibopa, bayibala imali ebifunyanwa
endhlwini KAYEHOVA. 11 Baza bayinika
imali seilinganisiwe ezandhleni zabawe-
nzayo umsebenzi, ababe bonganyisiwe
pezu kwendhlu KAYEHOVA; bati bona bayi-
kupela kwinncibi zemiti nakubaki, ababe-
sebenza endhlwini KAYEHOVA, 12 nakube-
nzi bendonga, nakubabazi bamatye, nokuba
kutengwe imiti namatye aqandulweyo,
kuze kulungiswe intanda zayo indhlu KA-
YEHOVA, nangennxa yako konke okubo
kukutshelwa indhlu ukuyilungisa. 13 Ko-
dwa bekungenzelwa indhlu KAYEHOVA izi-
kotile zesilivere, izicimo, izitya zokufefela,
amaxilongo, ennye impahla yegolide, nen-
nye impahla yesilivere, ngemali ebiziswa
kuyo indhlu KAYEHOVA: 14 koko banikayo
yona kwabo bawenzayo umsebenzi; baye
belungisa ngayo indhlu KAYEHOVA. 15 Ka-
njako ababuza amadoda, abayinikayo imali
leyo ezandhleni zawo, ukuba anike kwabe-
nzayo umsebenzi; ngokuba wona ebesenza
ngennyaniso. 16 Imali yetyala, nemali
yezono, yona ibingaziswa endhlwini KAYE-
HOVA; ibiyeyabaperisite.

17 Okuya wenyuka u-Hazayeli uku-
mkani we-Siriya, walwa ngakuyo i-Gate,
wayitimba: wandula u-Hazayeli wabeka
ubuso bake ukuya kunyuka ngakuyo i-Ye-
rusaleme. 18 Koko u-Yehohashe ukumka-
ni wo-Juda watabata zonke izinto ezi-
ngcwele ababezingcwalisile u-Yehoshafate,
no-Yehorame, no-Ahaziya, oyise bake, oku-
mkani bo-Juda, nezake izinto ezingcwele,
nayo yonke igolide ebifunyanwa pakati
kwendyebo zendhlu KAYEHOVA nezendhlu
yokumkani, wazituma ku-Hazayeli uku-
mkani we-Siriya: waza wenyuka engayi
e-Yerusaleme.

19 Nesisalela semicimbi ka-Yohashe,
nako konke abekwenza, ayibàlwanga na
yona ennewadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Juda? 20 Zaye zi-
suka izicaka zake, zenza ingcebiswano,
zambulala u-Yohashe endhlwini ye-Milo,
eyehlayo ngase-Sila: 21 ngokuba u-Yoza-
kare unyana ka-Shimehate, no-Yehozabadi
unyana ka-Shomere, izicaka zake, bambeta,
wada wafa; baza bamngcwaba noyise bako
esixekweni sika-Davide: wati u-Ama-
tsiya unyana wako waba ngukumkani esi-
kundhleni sake.



University of Fort Hare
Together in Excellence

13 NGOMNYAKA wamashumi mabini
anesitatu ka-Yohashe unyana ka-Aha-
ziya ukumkani wo-Juda, waba nguku-
mkani u-Yehowahazi unyana ka-Jehu pezu
kwo-Sirayeli e-Samariya, *wapata ubukumka-*
*ni* iminyaka yalishumi elinesixenxe. 2
Wayesenza okukohlakeleyo emehlweni KA-
YEHOVA, walandela izono zika-Jerobome
unyana ka-Nebati, owenzayo o-Sirayeli
bone; akapambuka kuzo. 3 Ngako ya-
vuta ingqumbo KAYEHOVA ngakubo o-Sira-
yeli; waza wabanikela esandhleni sika-
Hazayeli ukumkani we-Siriya, nasesa-
ndhleni sika-Bene-hadadi unyana ka-Haza-
yeli, yonke imihla leyo. 4 Wada u-Yeho-
wahazi wabongoza ubuso BUKAYEHOVA;
wati UYEHOVA wapulapula kuye: ngokuba
ebebona ukubandezelwa kwo-Sirayeli, u-
kuba ukumkani we-Siriya wababandezela.
5 (Wayenika UYEHOVA ko-Sirayeli umsi-
ndisi, bada bapuma pantsi kwesandhla
sama-Siriya; lwaza usapo luka-Sirayeli
lwahlala ezintenteni zalo, njengapambili.
6 Noko belungapambuki kuzo izono zen-
dhlu ka-Jerobome, owenzayo o-Sirayeli
bone; beluhamba kuzo: kanjalo u-Ashera
ebesemi e-Samariya.) 7 Ngokuba ebenga-
basalisanga ku-Yehowahazi abantu, kupela
amashumi mahlanu abakweli bamahashe,
neshumi lennqwelwana, neshumi lamawa-
ka abahamba ngennyawo: ngokuba uku-
mkani we-Siriya ebebatshabalalisile, wabe-
nza njengotuli ngokubula.
8 Kekaloku isisalela semicimbi ka-Yeho-
wahazi, nako konke abekwenza, namandhla
ake, ayibalwanga na yona ennewadini ye-
micimbi yemihla ngemihla yokumkani
bo-Sirayeli? 9 Wada u-Yehowahazi wa-
lala noyise bake, wancwatywa e-Samariya:
waza u-Yohashe unyana wake waba ngu-
kumkani esikundhleni sake.
10 Ngomnyaka wamashumi matatu ane-
sixenxe ka-Yohashe ukumkani wo-Juda,
waba ngukumkani u-Yehohashe unyana
ka-Yehowahazi pezu kwo-Sirayeli e-Sama-
riya, *wapata ubukumkani* iminyaka yalishu-
mi elinesitandatu. 11 Wayesenza okuko-
hlakeleyo emehlweni KAYEHOVA; akapa-
mbuka kuzo zonke izono zika-Jerobome
unyana ka-Nebati, owenzayo o-Sirayeli
bone; wahamba kuzo.
12 Nesisalela semicimbi ka-Yohashe,
nako konke abekwenza, namandhla ake
owabesilwa ngawo ngakuye u-Amatsiya
ukumkani wo-Juda, ayibalwanga na yona
ennewadini yemicimbi yemihla ngemihla
yokumkani bo-Sirayeli? 13 Wada walala
u-Yohashe noyise bake; waza u-Jerobome
wahlala pezu kweterone yake: waye u-
Yohashe ebencwatywa e-Samariya ndawo-
nye nokumkani bo-Sirayeli.
14 Kekaloku u-Elisha wabesifa sisifo
sake owabuba ngaso. Wandula u-Yohashe
ukumkani wo-Sirayeli wehlela kuye, wa-
lila pezu kwobuso bake, wati: Bawo wami,
bawo wami! innqwelo yo-Sirayeli, naba-
kweli babo! 15 Wayesiti u-Elisha kuye:
Tabata isipeta nentolo. Waza watabatela
kuye isipeta nentolo. 16 Walekela wati
kukumkani wo-Sirayeli: Beka isandhla
sako pezu kwaso isipeta. Wabeka ke isa-
ndhla sake; wati u-Elisha wabeka iza-
ndhla zake pezu kwezandhla zokumkani.
17 Wayesiti: Vula ifenstile ngasempuma-
langa. Wavula ke. Waza u-Elisha wati:
Tola. Watola ke. Wayesiti: Utolo lwo-
sindiso LUKAYEHOVA, notolo lwosindiso
ngakuwo ama-Siriya; ngokuba uya kubeta
ama-Siriya e-Afeki, ude uwagqibele. 18
Wabuya wati: Zitabate intolo. Watabata
ke. Waza wati kukumkani wo-Sirayeli:
Beta ngasemhlabeni. Wabeta ke amaxe-
sha amatatu, wand' ukuti nqumama. 19
Yaza indoda KATIXO yamqumbela kunene,
yati: Unga ubetile amaxesha amahlanu
umhlaumbi amatandatu; oko ubuya kubeta
ama-Siriya wada wawagqibela; kanti
kaloku, uya kuwabeta amaxesha matatu
*kupela.*
20 Wada wafa u-Elisha, wancwatywa.
Aza amabandhla ama-Mowabi afika elizwe-
ni ekutwaseni kwomnyaka. 21 Kwaye
kute, nxa babencwaba indoda, bona ke,
babona ibandhla; baza bayiposa indoda
leyo encwabeni lika-Elisha; yati yaku-
ngena yacukumisa amatambo ka-Elisha,
yabuya yapila, yapakama pezu kwennyawo
zayo.
22 Kekaloku u-Hazayeli ukumkani we-
Siriya wabandezela o-Sirayeli yonke imi-
hla ka-Yehowahazi. 23 Kodwa UYEHOVA
wabenofefe ngakubo, wabapata ngennceba,
wababuka, ngennxa yocebano lwake no-
Abrahame, *no*-Yisake, no-Yakobi; engavu-
manga ukubatshabalalisa, engabagxotanga
ebusweni bake kanjalo, kwada kwakaloku.
24 Wada wafa u-Hazayeli ukumkani we-
Siriya; wati u-Bene-hadadi unyana wake
waba ngukumkani esikundhleni sake. 25
Waza u-Yehohashe unyana ka-Yehowa-



University of Fort Hare
Together in Excellence

hazi, wabuya wazibamba esandhleni sika-
Bene-hadadi unyana ka-Hazayeli izixeko
ezo wabezibambile yena esandhleni sika-
Yehowahazi uyise ngokulwa: ngamaxesha
matatu u-Yohashe wambetayo, wabuyisa
izixeko zakwa-Sirayeli.

14 NGOMNYAKA wesibini ka-Yohashe
unyana ka-Yehowahazi ukumkani
wo-Sirayeli, waba ngukumkani u-Amatsiya
unyana ka-Yohashe ukumkani wo-Juda.
2 Ebeyiminyaka imashumi mabini ana-
mihlanu ubudala bake, akuba ngukumkani,
wapata ubukumkani e-Yerusaleme iminya-
ka yamashumi mabini anesitoba. Igama
lonina belingu-Yehohadane, owase-Yerusa-
leme. 3 Wayesenza okufaneleyo emehlwe-
ni KAYEHOVA, kodwa bekungenjengo-Davide
uyise; wenza ngako konke abekwenzile
u-Yohashe uyise. 4 Noko indawo ezipa-
kamileyo bezingasuswa; abantu basabinga
baqumisa ezindaweni ezipakamileyo. 5
Kwaza kwati, okuya ubukumkani bebuqi-
nile esandhleni sake, wabulala izicaka zake
ezibe zimbulele ukumkani uyise. 6 Kanti
abantwana bababulali akabafisa; njengako
okubàliweyo ennewadini yomteto ka-Mose-
si, apo UYEHOVA ayaleleyo ngokuti: Oyise
abayi kufiswa ngennxa yabantwana, naba-
ntwana abayi kufiswa ngennxa yoyise;
koko bonke ngabanye baya kufiselwa esabo
isono. 7 Wabulala ama-Edome emhlanjeni
we-Tyuwa, ishumi lamawaka, wayibamba
i-Sela ngokulwa, walibiza igama layo ngo-
kuti yi-Yokitele, kwada kwanamhla nje.
8 Oko watuma u-Amatsiya isigidimi
ukuya ku-Yehohashe, unyana ka-Yehowa-
hazi unyana ka-Jehu, ukumkani wo-Sira-
yeli, ukuti: Yiza, sibonane ngobuso. 9
Koko u-Yehohashe ukumkani wo-Sirayeli
watumela ku-Amatsiya ukumkani wo-Juda,
ukuti: Umtolo obuse-Lebanone watuma
kuyo isedare ebise-Lebanone, usiti: Nika
intombi yako kunyana wami ibe ngumfazi;
saza sadhlula isilo sasendhle esibe sise-
Lebanone, sawunyatela umtolo lowo. 10
Uwabetile okunene ama-Edome, ngako
inkliziyo yako ikupakamisile: qayisela
*oku*, uhlale ekaya; ngokuba kunganina
ukuba uya kulwa nelishwa, ukuze uwe,
kwa wena no-Juda kunye nawe? 11 Ko-
dwa u-Amatsiya ebengapulapuli. Ngako
wenyuka u-Yehohashe ukumkani wo-Sira-
yeli; baza babonana ngobuso, yena no-
Amatsiya ukumkani wo-Juda, e-Bete-she-
meshe ekwa-Juda. 12 Bati o-Juda boyiswa
pambi kwo-Sirayeli; basuka besaba baya
abanye ngabanye ezintenteni zabo. 13
No-Amatsiya ukumkani wo-Juda, unyana
ka-Yehohashe, unyana ka-Ahaziya, u-Ye-
hohashe ukumkani wo-Sirayeli wambamba
e-Bete-shemeshe, weza e-Yerusaleme, wa-
lucita udonga lwe-Yerusaleme, kwa kulo
isango lika-Frayime kwada kwakulo isango
legumbi, ikubite zingamakulu mane. 14
Wayetabata yonke igolide nesilivere, nazo
zonke impahla ezazifunyanwa endhlwini
KAYEHOVA, napakati kwendyebo zendhlu
yokumkani, nababambiseli, wabuyela e-
Samariya.
15 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Yehohashe, oko wakwenzayo, namandhla
ake, nokuba wati nina ukulwa no-Amatsiya
ukumkani wo-Juda, ayibàlwanga na yona
ennewadini yemicimbi yemihla ngemihla
yokumkani bo-Sirayeli? 16 Wada u-Ye-
hohashe walala noyise bake, wanewatywa
e-Samariya ndawonye nokumkani bo-Sira-
yeli; waza u-Jerobome unyana wake waba
ngukumkani esikundhleni sake.
17 Wati u-Amatsiya unyana ka-Yoha-
she, ukumkani wo-Juda, wahlala emveni
kwokufa kuka-Yehohashe unyana ka-Yeho-
wahazi, ukumkani wo-Sirayeli, iminyaka
yalishumi elinamihlanu. 18 Nesisalela
semicimbi ka-Amatsiya, ayibàlwanga na
yona ennewadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Juda? 19 Baye be-
senza ngakuye ingeebiswano e-Yerusale-
me; wesaba waya e-Lakishe: kodwa ba-
tumela emva kwake e-Lakishe, bambulala
kona. 20 Baza bamsa pezu kwamahashe:
wanewatywa e-Yerusaleme ndawonye no-
yise bake esixekweni sika-Davide.
21 Bandula bonke abantu bakwa-Juda
batabata u-Hazariya, obeyiminyaka yali-
shumi elinesitandatu ubudala bake, bame-
nza ukumkani esikundhleni soyise u-Ama-
tsiya. 22 Yena wayaka i-Elate, wayibu-
yisela ko-Juda, emveni kwokuba ukumkani
ebelele noyise bake.

23 NGOMNYAKA weshumi linesihlanu
ka-Amatsiya unyana ka-Yohashe ukumka-
ni wo-Juda, waba ngukumkani u-Jerobome
unyana ka-Yohashe ukumkani wo-Sirayeli
e-Samariya, *wapata ubukumkani* iminyaka
yamashumi mane anamnye. 24 Wayese-
nza okukohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA;
akapambuka kuzo zonke izono zika-Jero-



University of Fort Hare
Together in Excellence

bome unyana ka-Nebati, owenzayo o-Sira-
yeli bone. 25 Yena wabuyisa umda wa-
kwa-Sirayeli, kwa sekungenweni kwe-Ha-
mati kwada kwakulo ulwandhle lwasetafeni,
njengelizwi LIKAYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli, owabelitetile ngesandhla sesicaka
sake u-Jona unyana ka-Amitai, umprofite,
obengowase-Gate-hefere. 26 Ngokuba
UYEHOVA ebebona ubunzima bo-Sirayeli
ukuba burara kakulu; ngokuba bekunge-
ko ovaliweyo, bekungeko nokululekileyo,
bekungeko namncedi kanjalo ko-Sirayeli.
27 Waye UYEHOVA engatshongo ukuba woli-
cima igama lo-Sirayeli kwa pantsi kwezu-
lu; kodwa wabasindisa ngesandhla sika-
Jerobome unyana ka-Yohashe.

28 Nesisalela semicimbi ka-Jerobome,
nako konke abekwenza, namandhla ake,
ukuba wati nina ukulwa, nokuba wati nina
ukubuyisela ko-Sirayeli i-Damakusi ne-
Hamati yakwa-Juda, ayibàlwanga na yona
ennewadini yemicimbi yemihla ngemihla
yokumkani bo-Sirayeli? 29 Wada u-Jero-
bome walala noyise bake, ndawonye noku-
mkani bo-Sirayeli; waza u-Zekariya unyana
wake waba ngukumkani esikundhleni sake.

15 NGOMNYAKA wamashumi mabini
anesixenxe ka-Jerobome ukumkani
wo-Sirayeli, waba ngukumkani u-Hazariya
unyana ka-Amatsiya ukumkani wo-Juda.
2 Ebeyiminyaka ilishumi linesitandatu
ubudala bake, akuba ngukumkani, wapata
ubukumkani e-Yerusaleme iminyaka ya-
mashumi mahlanu anamibini. Igama loni-
na belingu-Yekoliya, owase-Yerusaleme.
3 Wayesenza okufaneleyo emehlweni KA-
YEHOVA, njengako konke abekwenzile u-
Amatsiya uyise. 4 Kodwa indawo ezipa-
kamileyo bezingasuswa; abantu basabinga
baqumisa ezindaweni ezipakamileyo.

5 Wati UYEHOVA wambeta ukumkani,
ukuba waba lileperi kwada kwayimmini
yokufa kwake, wahlala endhlwini eyahlu-
kileyo. Waye u-Yotame unyana woku-
mkani ebepezu kwendhlu, egweba abantu
belizwe.

6 Nesisalela semicimbi ka-Hazariya, na-
ko konke abekwenza, ayibàlwanga na yona
ennewadini yemicimbi yemihla ngemihla
yokumkani bo-Juda? 7 Wada u-Hazariya
walala noyise bake, wanewatywa noyise
bake esixekweni sika-Davide; waza u-
Yotame unyana wake waba ngukumkani
esikundhleni sake.

8 NGOMNYAKA wamashumi matatu
anesibozo ka-Hazariya ukumkani wo-Juda,
wapata ubukumkani u-Zekariya unyana
ka-Jerobome pezu kwo-Sirayeli e-Samariya
innyanga zantandatu. 9 Wayesenza oku-
kohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA, njengo-
kuba bebenje njalo oyise bake; akapambu-
ka kuzo izono zika-Jerobome unyana ka-
Nebati, owenzayo o-Sirayeli bone. 10
Waza u-Shalume unyana ka-Yabeshe wa-
ceba ngakuye, wambeta pambi kwabantu,
wambulala, waba ngukumkani esikundhlo-
ni sake.

11 Nesisalela semicimbi ka-Zekariya,
bona ke, ibàliwe yona ennewadini yemi-
cimbi yemihla ngemihla yokumkani bo-
Sirayeli. 12 Eli libe lilizwi LIKAYEHOVA
owabelitetile ku-Jehu, lisiti: Onyana bako
besesine *isizukulwana* baya kuhlala pezu
kweterone yakwa-Sirayeli. Kwaye kuba
njalo ke.

13 U-Shalume unyana ka-Yabeshe waba
ngukumkani ngomnyaka wamashumi ma-
tatu anesitoba ka-Huziya ukumkani wo-
Juda; wayepata ubukumkani innyanga
ipela e-Samariya. 14 Waza u-Menaheme
unyana ka-Gadi wenyuka e-Tiretsa, weza
e-Samariya, wambeta u-Shalume unyana
ka-Yabeshe e-Samariya, wambulala, waba
ngukumkani esikundhleni sake.

15 Nesisalela semicimbi ka-Shalume,
nokuceba kwake owaceba ngako, bona ke,
ibàliwe yona ennewadini yemicimbi yemi-
hla ngemihla yokumkani bo-Sirayeli.

16 Oko u-Menaheme wayibeta i-Tipesa-
hi, nabo bonke abakuyo, nemida yayo,
*esuka* e-Tiretsa; ngokokuba bekungamvu-
lelwanga, kukona wayibetayo; bonke aba-
mitiyo bayo wabaqangqulula.

17 Ngomnyaka wamashumi matatu ane-
sitoba ka-Hazariya ukumkani wo-Juda,
waba ngukumkani u-Menaheme unyana
ka-Gadi pezu kwo-Sirayeli, *wapata ubuku-
mkani* iminyaka yalishumi e-Samariya.
18 Wayesenza okukohlakeleyo emehlweni
KAYEHOVA; akapambuka kuzo izono zika-
Jerobome unyana ka-Nebati, owenzayo o-
Sirayeli bone, yonke imihla yake. 19
*Kwandula* kweza u-Pule ukumkani we-
Asiriya ngakulo ilizwe; waza u-Menahe-
me wamnika u-Pule iwaka letalente zesili-
vere, ukuze isandhla sake sibe naye ukuqi-
nisa ubukumkani esandhleni sake. 20 Ne-
mali leyo wayibiza u-Menaheme ko-Sira-
yeli, kubo bonke abakulu ngobutyebi, ize



University of Fort Hare
Together in Excellence

inikwe kuye ukumkani we-Asiriya, ishe-
kele zesilivere ezingamashumi mahlanu
kubo bonke ngabanye. Waza wabuya
ukumkani we-Asiriya, engahlali kona eli-
zweni apo.
21 Nesisalela semicimbi ka-Menaheme,
nako konke abekwenza, ayibàlwanga na
yona enncwadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Sirayeli? 22 Wada
walala u-Menaheme noyise bake; waza u-
Pekahiya unyana wake waba ngukumkani
esikundhleni sake.
23 Ngomnyaka wamashumi mahlanu ka-
Hazariya ukumkani wo-Juda, waba ngu-
kumkani u-Pekahiya unyana ka-Menaheme
pezu kwo-Sirayeli e-Samariya, *wapata ubu-
kumkani* iminyaka yamibini. 24 Wayese-
nza okukohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA;
akapambuka kuzo izono zika-Jerobome
unyana ka-Nebati, owenzayo o-Sirayeli
bone. 25 Koko u-Pekahi unyana ka-Rema-
liya, injengele yake, waceba ngakuye,
wambeta e-Samariya, ennqatyeni yendhlu
yokumkani, kunye no-Ragobi no-Ariye,
namadoda amashumi mahlanu elusatsheni
lwama-Gileyadi ndawonye nayo: wambu-
lala ke, waba ngukumkani esikundhleni
sake.
26 Nesisalela semicimbi ka-Pekahiya,
nako konke abekwenza, bona ke, ibàliwe
yona enncwadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Sirayeli.
27 Ngomnyaka wamashumi mahlanu
anesibini ka-Hazariya ukumkani wo-Juda,
waba ngukumkani u-Pekahi unyana ka-
Remaliya pezu kwo-Sirayeli e-Samariya,
*wapata ubukumkani* iminyaka yamashumi
mabini. 28 Wayesenza okukohlakeleyo
emehlweni KAYEHOVA; akapambuka kuzo
izono zika-Jerobome unyana ka-Nebati,
owenzayo o-Sirayeli bone. 29 Emihleni
ka-Pekahi ukumkani wo-Sirayeli, weza u-
Tigilate-pilesere ukumkani we-Asiriya,
wabamba i-Hiyone, ne-Abele-bete-mahaka,
ne-Yanoha, ne-Kedeshe, ne-Hatsore, ne-
Gileyadi, ne-Galili, lonke ilizwe lakwa-
Nefatali, n*abantu* wabafudusela e-Asiriya.
30 Waza u-Hosheha unyana ka-Ela wenza
ingcebiswano ngakuye u-Pekahi unyana
ka-Remaliya, wambeta, wambulala, waba
ngukumkani esikundhleni sake, ngomnya-
ka wamashumi mabini ka-Yotame unyana
ka-Huziya.
31 Nesisalela semicimbi ka-Pekahi,
nako konke abekwenza, bona ke, ibàliwe
yona enncwadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Sirayeli.

32 NGOMNYAKA wesibini ka-Pekahi
unyana ka-Remaliya ukumkani wo-Sira-
yeli, waba ngukumkani u-Yotame unyana
ka-Huziya ukumkani wo-Juda. 33 Ebeyi-
minyaka imashumi mabini anamihlanu
ubudala bako, akuba ngukumkani, wapata
ubukumkani iminyaka yalishumi elinesita-
ndatu e-Yerusaleme. Igama lonina belingu-
Yerusha, intombi ka-Tsadoki. 34 Waye-
senza okufaneleyo emehlweni KAYEHOVA;
njengako konke abekwenzile u-Huziya
uyise, wenje njalo. 35 Kodwa indawo
ezipakamileyo bezingasuswa; abantu ba-
sabinga baqumisa ezindaweni ezipakami-
leyo. Yena walaka isango lasenkla lendhlu
KAYEHOVA.
36 Nesisalela semicimbi ka-Yotame, na-
ko konke abekwenza, ayibàlwanga na yona
enncwadini yemicimbi yemihla ngemihla
yokumkani bo-Juda? 37 Ngaleyomihla
waqala UYEHOVA ukutuma ngakwo-Juda,
u-Retsine ukumkani we-Siriya, no-Pekahi
unyana ka-Remaliya. 38 Wada walala
u-Yotame noyise bake, wancwatywa noyise
bake esixekweni sika-Davide uyise; waza
u-Ahazi unyana wake waba ngukumkani
esikundhleni sake.
16 Ngomnyaka weshumi linesixenxe ka-
Pekahi unyana ka-Remaliya, waba
ngukumkani u-Ahazi unyana ka-Yotame
ukumkani wo-Juda. 2 Ebeyiminyaka
imashumi mabini u-Ahazi ubudala bako,
akuba ngukumkani, wapata ubukumkani
iminyaka yalishumi elinesitandatu e-Yeru-
saleme; waye engenzi okufaneleyo eme-
hlweni KAYEHOVA, UTIXO wake, njengayo
u-Davide uyise. 3 Ngokuba ebehamba
endhleleni yokumkani bo-Sirayeli; ewe,
nonyana wake wamdhlulisa emlilweni,
njengento ezibuntshontsho zabaheyideni,
abo wabagqogqayo UYEHOVA pambi kwo-
sapo luka-Sirayeli. 4 Wabinga waqumisa
ezindaweni ezipakamileyo, napezu kwen-
duli, nangapantsi kwayo yonke imiti elu-
hlaza.
5 Oko wenyuka u-Retsine ukumkani
we-Siriya, no-Pekahi unyana ka-Remaliya
ukumkani wo-Sirayeli, ukuya e-Yerusale-
me, kuze kuliwe: baza bamvingcela u-
Ahazi, kodwa bakohlwa kukwoyisa. 6
Ngeloxesha u-Retsine ukumkani we-Siriya
wabuyisela i-Elate kuma-Siriya, wawagxota



University of Fort Hare
Together in Excellence

ama-Juda e-Elate; andula ama-Siriya eza
e-Elate, ahlala kona kude kwanamhla nje.
7 Waza u-Ahazi watuma izigidimi ukuya
ku-Tigilate-pilesere ukumkani we-Asiriya,
esiti: Mina ndingumkonzi wako nonyana
wako; nyuka, uze undisindise esandhleni
sokumkani we-Siriya, nasesandhleni soku-
mkani wo-Sirayeli, abasukelayo ngakumi.
8 Kanjako watabata u-Ahazi isilivere ne-
golide ebifunyanwa endhlwini KAYEHOVA,
napakati kwendyebo zendhlu yokumkani,
watumela ukumkani we-Asiriya ibaso.
9 Waza ukumkani we-Asiriya wapulapula
kuye: wenyuka ke ukumkani we-Asiriya
ngakuyo i-Damakusi, wayibamba, *nabantu*
wabafudusela e-Kire, no-Retsine wambu-
lala.

10 Wasuka ukumkani u-Ahazi waya
ukumkaulela u-Tiligate-pilesere ukumkani
we-Asiriya e-Damakusi, wabona isibingelo
esibe sise-Damakusi; wandul' ukutuma
ukumkani u-Ahazi ku-Huriya umperisite
isimilo sesibingelo eso, nomfanekiselo waso,
njengalo lonke isetyenzwa laso. 11 Waza
u-Huriya umperisite waka isibingelo, nje-
ngako konke abekususile ukumkani u-
Ahazi e-Damakusi: wenje njalo u-Huriya
umperisite, engekaveli ukumkani u-Ahazi
e-Damakusi. 12 Wati akuvela ukumkani
e-Damakusi, wandula ukumkani wasibona
isibingelo; waza ukumkani wasondela
kuso isibingelo, wanikela pezu kwaso.
13 Watshisa idini lokutshiswa lake, nom-
nikelo wokudhla wake, watulula umni-
kelo wokusela wake, wasasaza igazi lemi-
nikelo yoxolo yake, pezu kwesibingelo
eso. 14 Nesibingelo sexina, esibe sipambi
KWOYEHOVA, wasikwelelisa kuwo umpa-
mbili wendhlu, kwa pakati kwesibingelo
nendhlu KAYEHOVA, wasibeka ngasecaleni
lesibingelo ngasenode. 15 Wandula uku-
mkani u-Ahazi wamyalela u-Huriya umpe-
risite, ngokuti: Pezu kwesibingelo esikulu
tshisa idini lokutshiswa lokusa, nomnikelo
wokudhla wokuhlwa, nedini lokutshiswa
lokumkani, nomnikelo wokudhla wake, ne-
dini lokutshiswa labo bonke abantu beli-
zwe, nomnikelo wokudhla wabo, nemini-
kelo yokusela yabo; nalo lonke igazi ledini
lokutshiswa, nalo lonke igazi lombingo,
lisasaze pezu kwaso: nesibingelo sexina
ndiya kuzindhla ngaso. 16 Waza u-Huriya
umperisite wenza ngako konke abemyalele
kona ukumkani u-Ahazi. 17 Kanjako
ukumkani u-Ahazi wazinqumla indini ze-
zikondo, wasisusa isihlambelo kwa pezu
kwazo; nolwandhle walutula ezinkabini
zexina ezibe zipantsi kwalo, walubeka pezu
kwesicwangciswa samatye. 18 Nentende-
lezo efulelweyo yesabata, abebeyakile nga-
sendhlwini, nendawo yokungena yoku-
mkani engapandhle, wazishenxisa kuyo
indhlu KAYEHOVA ngenxa yokumkani we-
Asiriya.

19 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Ahazi, oko wakwenzayo, ayibàlwanga na
yona ennewadini yemicimbi yemihla nge-
mihla yokumkani bo-Juda? 20 Wada wa-
lala u-Ahazi noyise bake, wancwatywa
noyise bake esixekweni sika-Davide; waza
u-Hezekiya unyana wake waba ngoku-
mkani esikundhleni sake.

17 NGOMNYAKA weshumi linesibini
ka-Ahazi ukumkani wo-Juda, waba
ngukumkani u-Hosheha unyana ka-Ela e-
Samariya pezu kwo-Sirayeli, *wapata ubuku-
mkani* iminyaka yalitoba. 2 Wayesenza
okukohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA; ko-
dwa bekungenjengabo okumkani bo-Sira-
yeli abebeko pambili kuye. 3 Kwenyuka
ngakuye u-Shalemanesere ukumkani we-
Asiriya; waza u-Hosheha waba ngumko-
nzi wake, wanikela kuye umnikelo.

4 Kodwa ukumkani we-Asiriya wafu-
mana ingcebo ku-Hosheha, ekubeni wabe-
tumile izigidimi ku-Soe ukumkani we-
Jipete, nokuba engasanga umnikelo kuku-
mkani we-Asiriya, njengokuba *ebenje njalo*
ngomnyaka ngomnyaka; ngako ukumkani
we-Asiriya wamvalela, wamxiba entolo-
ngweni. 5 Waza wenyuka ukumkani we-
Asiriya waya kulo lonke ilizwe; wenyu-
kela nase-Samariya, wayivingcela iminyaka
yamitatu. 6 Ngomnyaka wesitoba ka-
Hosheha wayibamba ukumkani we-Asiriya
i-Samariya, wabafudusela o-Sirayeli e-Asi-
riya, wabahlalisa e-Halahi, nase-Habore,
ngasemlanjeni we-Gozane, nasezixekweni
zama-Medi.

7 Ngokuba kube kute, ukuba usapo
luka-Sirayeli lube lwonile ngakuye UYE-
HOVA, UTIXO walo, owabelunyusile elizweni
le-Jipete, kwa pantsi kwesandhla sika-Faro
ukumkani we-Jipete, nokuba beluboyikile
otixo bambi, 8 lwahamba emimisweni ya-
baheyideni, abete UYEHOVA wabagqogqa
pambi kwosapo luka-Sirayeli, nakweyoku-
mkani bo-Sirayeli, leyo bebeyenzile. 9
Lwati usapo luka-Sirayeli kanjalo lwenza



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngasese izinto ezingafanelekileyo ngakuye
UYEHOVA, UTIXO walo, lwazakela indawo
ezipakamileyo kuzo zonke izixeko zalo,
kwa kuyo innqaba yabalindi kude kwakuso
isixeko esinqatyisiweyo. 10 Lwazimisela
intsika *zamatye*, ne-Ashera, pezu kwazo
zonke induli ezinde, nangapantsi kwayo
yonke imiti eluhlaza. 11 Lwaqumisa kwa
kona kuzo zonke indawo ezipakamileyo,
njengabaheyideni abebafudusile UYEHOVA
ebusweni balo; lwenza nezinto ezikohla-
keleyo ukumqumbisa UYEHOVA: 12 ngoku-
ba belukonza izitixwana, abete UYEHOVA
kulo ngazo: Aniyi kuyenza lento.
13 Waye UYEHOVA ebenqinile ngako-
Sirayeli, nangako-Juda, ngabo bonke aba-
profite, *nabo* bonke ababoni, esiti: Guqu-
kani kuzo indhlela zenu ezikohlakeleyo,
nigcine imiyalelo yami nemimiso yami,
njengawo wonke umteto endibayaleleyo
oyihlo benu, nendiwutumileyo kuni nge-
sandhla sezicaka zami abaprofite. 14 Aba-
pulapula noko, kodwa benza lukuni intamo
yabo, njengentamo yoyise babo, abebenga-
kolwa NGUYEHOVA, UTIXO wabo. 15 Bala-
hla nemimiso yake, nocebano lwake owa-
belwenzile noyise babo, nezinqino zake
abezinqinile ngakubo, bahamba emva kwo-
kungendawo, bada baba ngabangendawo,
nasemva kwabaheyideni ababangqongayo,
abo UYEHOVA ebebayalele ukuba mabange-
nzi njengabo. 16 Baye beshiya yonke
imiyalelo KAYEHOVA, UTIXO wabo, bazenzela
imifanekiso etyityishiweyo, amatole ama-
bini; bazenza i-Ashera, bazitoba kuwo
wonke umkosi wezulu, bamkonza u-Bali.
17 Kanjako badhlulisa onyana babo nento-
mbi zabo emlilweni, benza ngokulaula na-
ngobugqi, bazitengisela ukwenza okuko-
hlakeleyo emehlweni KAYEHOVA, ukum-
qumbisa. 18 Ngako UYEHOVA wabequmbile
kakulu ngako-Sirayeli, wabasusa ebusweni
bake; bekungeko oseleyo, kupela isizwe
sika-Juda sodwa. 19 No-Juda abayigcina
bona imiyalelo KAYEHOVA, UTIXO wabo;
kodwa bahamba emimisweni yo-Sirayeli,
leyo bebeyenzile.
20 Waza UYEHOVA wayilahla yonke in-
zalo ka-Sirayeli, wababandezela, wabani-
kela esandhleni sabatimbi, wada wabagxota
ebusweni bake. 21 Ngokuba wabarazula
o-Sirayeli kuyo indhlu ka-Davide; bati
bona bamenza u-Jerobome unyana ka-
Nebati ukumkani: waza u-Jerobome wa-
bakukulisa o-Sirayeli ekumlandeleni UYE-
HOVA, wabenza bone isono esikulu. 22
Lwandula usapo luka-Sirayeli lwahamba
ngazo zonke izono zika-Jerobome owabeze-
nzile; alwapambuka kuzo; 23 wada UYE-
HOVA wabasusa o-Sirayeli ebusweni bake,
njengokuba ebetetile ngazo zonke izicaka
zake abaprofite. Kwa njalo o-Sirayeli be-
befuduswa emhlabeni wabo *bafuduselwa*
e-Asiriya, kwada kwanamhla nje.

24 KEKALOKU ukumkani we-Asiriya
wavelisa *abantu* e-Babilone, nase-Kuta,
nase-Hava, nase-Hamati, nase-Sefarevayi-
me, wabahlalisa ezixekweni zase-Samariya
esikundhleni salo usapo luka-Sirayeli;
baza bafuya i-Samariya, bahlala ezixekwe-
ni zayo. 25 Kwabekute ekuqaleni kwo-
kuhlala kwabo kona, babe bengamoyiki
UYEHOVA; waza UYEHOVA watuma pakati
kwabo ingonyama, ezababulalayo innxe-
nye. 26 Ngako bateta kukumkani we-
Asiriya, besiti: Izizwe ozifudusileyo, no-
zihlalisileyo ezixekweni zase-Samariya,
azilazi isiko lake utixo welizwe: ngako
utumile ingonyama pakati kwazo, kanjalo
bona ke, zizibulala, ngokokuba zingalazi
isiko lake utixo welizwe. 27 Waza waxela
ukumkani we-Asiriya, esiti: Mseni apo
omnye kubaperisite enibe nibafudusa kwa
kona; mabaye bahlale kona: andule azifu-
ndise isiko lake utixo welizwe. 28 Wandula
weza omnye kubaperisite abebebafudusile
e-Samariya, wahlala e-Betele, wazifundisa
ukuba ngazisiti nina ukumoyika UYEHOVA.
29 Noko zibe zisenza isizwe ngesizwe
otixo bazo, zababeka ezindhlwini zendawo
ezipakamileyo, ezibe zenziwe ngama-Sama-
riya, isizwe ngesizwe ezixekweni zazo, ezo
zahlala kuzo. 30 Amadoda ase-Babilone
enza u-Sukote-benote, namadoda ase-Kuta
enza u-Neregali, namadoda ase-Hamati
enza u-Ashima, 31 nama-Hava enza u-Ni-
behazi no-Tiretaki, nama-Sefarevayime wo-
na atshisa abantwana bawo emlilweni ku-
Adrameleki no-Hanameleki, otixo base-
Sefarevayime. 32 Bamoyika UYEHOVA ka-
njalo, bazenzela abaperisite bendawo ezi-
pakamileyo kulo lonke inani labo, ababe-
nzelayo *amadini* ezindhlwini zendawo ezi-
pakamileyo. 33 UYEHOVA bamoyika, notixo
babo babakonza, njengesiko lezizwe ababe
befudusiwe kuzo.
34 Kude kube namhla nje bayenza
ngamasiko apambili: abamoyiki UYEHOVA,
abenzi ngezimiselo zabo, nangezigwebo



University of Fort Hare

zabo, nangomteto, nangomyalelo, owona UYEHOVA waluyalelayo usapo luka-Yakobi, lowo wamtiyayo igama elingu-Sirayeli; 35 abete UYEHOVA wenza ucebano nalo, waluyalela, esiti: Aniyi kwoyika otixo bambi, aniyi kutoba pambi kwabo, aniyi kubakonza, aniyi kubingelela kubo; 36 kodwa UYEHOVA, obeninyusa elizweni le-Jipete ngamandhla amakulu nangengalo eyolulweyo, nguye oniya kumoyika, napambi kwake niya kutoba, nakuye niya kubingelela. 37 Nezimiselo, nezigwebo, nomteto, nomyalelo, anibàlele zona, niya kulumkela ukuzenza imihla yonke; aniyi kuboyika otixo bambi. 38 Nocebano endilwenzileyo nani aniyi kulibala lona; aniyi kuboyika otixo bambi. 39 Koko UYEHOVA, UTIXO wenu, niya kumoyika; waye yena eya kunihlangula esandhleni sazo zonke intshaba zenu. 40 Abapulapula noko, kodwa benza ngalo isiko labo lapambili.

41 Kwa njalo ezizizwe zamoyika UYEHOVA, nemifanekiso eqingqiweyo yazo zayikonza; kanjako abantwana bazo, nabantwana babantwana bazo, njengokuba bebesenza oyise babo, bayenza bona kude kube namhla nje.

18 KWAZA kwati ngomnyaka wesitatu ka-Hosheha unyana ka-Ela ukumkani wo-Sirayeli, waba ngukumkani u-Hezekiya unyana ka-Ahazi ukumkani wo-Juda. 2 Ebeyiminyaka imashumi mabini anamihlanu ubudala bake, akuba ngukumkani, wapata ubukumkani e-Yerusaleme iminyaka yamashumi mabini anesitoba. Igama lonina belingu-Abi, intombi ka-Zekariya. 3 Wayesenza okufaneleyo emehlweni KAYEHOVA, njengako konke abekwenzile u-Davide uyise. 4 Indawo ezipakamileyo wazisusa, nentsika *zamatye* waziqekeza, ne-Ashera waziganula, nennyoka yexina, owabeyenzile u-Mosesi, wayikanda; ngokuba kwada kwayiyo imihla leyo usapo luka-Sirayeli beluqumisile kuyo; wayibiza ngokuti yi-Nehushetane.* 5 Watembela kuye UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli; kwaye kungeko emva kwake onjengaye pakati kwabo bonke okumkani bo-Juda, na*pakati* kwabo abebeko pambili kuye. 6 Ngokuba ebenamatela KUYEHOVA; akapambuka ekumlandeleni; wayigcina imiyalelo yake, leyo UYEHOVA wamyalelayo u-Mosesi. 7 Waye UYEHOVA ebenaye; apo wapumela kona watamsanqeleka: kanjalo wavukela ngakuye ukumkani we-Asiriya, waza akamkonza. 8 Wabeta ama-Filistiya kwada kwase-Gaza, nemida yayo, kwa kuyo innqaba yabalindi kude kwakuso isixeko esinqatyisiweyo.

9 Kwaza kwati ngomnyaka wesine wokumkani u-Hezekiya, obungumnyaka wesixenxe ka-Hosheha unyana ka-Ela ukumkani wo-Sirayeli, wenyuka u-Shalemanesere ukumkani we-Asiriya ngakuyo i-Samariya, wayivingcela. 10 Baza bayitimba ekupeleni kweminyaka mitatu; ngomnyaka wesitandatu ka-Hezekiya, obungumnyaka wesitoba ka-Hosheha ukumkani wo-Sirayeli, yatinjwa i-Samariya. 11 Wandula ukumkani we-Asiriya wafudusela o-Sirayeli e-Asiriya, wababeka e-Halahi, nase-Habore, ngasemlanjeni we-Gozane, nasezixekweni zama-Medi: 12 ngenxa yokuba bebengapulapulanga ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO wabo, koko bagqitayo ucebano lwake, konke abeyalele ngako u-Mosesi isicaka SIKAYEHOVA; abeva, abenza nokwenza.

13 Kekaloku ngoweshumi linesine umnyaka wokumkani u-Hezekiya, wenyuka u-Senakeribe ukumkani we-Asiriya ngakuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwa-Juda, wazibamba. 14 Waza u-Hezekiya ukumkani wo-Juda watumela kuye ukumkani we-Asiriya e-Lakishe, ukuti: Ndonile; buya kumi; oko uya kukubeka pezu kwami ndokutwala. Wandula ukumkani we-Asiriya wambekela u-Hezekiya ukumkani wo-Juda amakulu matatu etalente zesilivere, namashumi matatu etalente zegolide. 15 Waza u-Hezekiya wanika yonke isilivere ebifunyanwa endhlwini KAYEHOVA, napakati kwendyebo zendhlu yokumkani. 16 Ngexesha elo u-Hezekiya wazinqumla ingcango zetempile KAYEHOVA, nentsika abezalekile u-Hezekiya ukumkani wo-Juda, *igolide yazo*, wayinika kuye ukumkani we-Asiriya.

17 Kodwa ukumkani we-Asiriya wasusa u-Taretane, no-Rabesarise, no-Rabeshake, e-Lakishe, ukuya nempi enkulu kukumkani u-Hezekiya e-Yerusaleme. Benyuka ke beza e-Yerusaleme. Bati bakuba benyukile, beza bema ngakuwo umjelo wecibi lasenkla, elingasemendweni wentsimi yomsuki. 18 Naxeshekweni babebizile ukumkani, kwapumela kubo u-Eliyakime unyana ka-Hilikiya, obepezu kwendhlu,

* *Oko kukuti:* Into yexina.



University of Fort Hare

no-Shibena umbàli, no-Jowahi unyana ka-
Safa umkumbuzi.
19 Waza u-Rabeshake wati kubo: Ize
niti ke ku-Hezekiya: Utsho ukumkani
omkulu, ukumkani we-Asiriya, ukuti: Li-
temba elinina eli utemba ngalo? 20 Uti,
(kanti lilizwi lomlomo wodwa), kuko ice-
bo namandhla ukulwa. Kaloku utemba
kubanina, ukuba uvukele ngakumi? 21 Ka-
loku bona ke, uyatemba kulomsimelelo
wengcongolo etyumzekileyo, kwi-Jipete;
eti ukuba umntu uyayama ngayo, yandule
ingene esandhleni sake, isihlabe: unjalo
u-Faro ukumkani we-Jipete kubo bonke
abatembayo kuye. 22 Kodwa ukuba niti
kumi: Siyatemba KUYEHOVA, UTIXO wetu;
asi nguye na, ondawo zake ezipakamileyo
nezibingelo zake u-Hezekiya uzisusile,
wati ko-Juda nakwi-Yerusaleme: Pambi
kwaso isibingelo esi niya kutoba e-Yerusa-
leme? 23 Ngako kaloku, uke ungene eku-
lweni nenkosi yami ukumkani we-Asiriya,
ndandiya kukunika amahashe angamawaka
mabini, ukuba ungati ngecala lako unike
abakweli pezu kwawo. 24 Woti nina pofu
ukunqanda ubuso benkosana innye ezica-
keni zenkosi yami ezincinane? Noko uya-
temba kwi-Jipete ngennxa yennqwelo na-
ngennxa yabakweli bamahashe. 25 Ka-
loku, kungapandhle KWOYEHOVA na endi-
nyukile ngakuyo lendawo, ndize ndiyi-
tshabalalise? UYEHOVA ute kumi: Nyuka
ngakulo elilizwe, ulitshabalalise.
26 Wandula wati u-Eliyakime unyana
ka-Hilikiya, no-Shibena, no-Jowahi, kuye
u-Rabeshake: Kautete kwizicaka zako
ngesi-Siriya, ngokuba sisiva tina; zungateti
nati ngesi-Juda, ezindhlebeni zabantu aba-
pezu kwodonga. 27 Koko u-Rabeshake
wati kubo: Kusenkosini yako na, nakuwe,
inditumileyo inkosi yami ukuza kuteta la-
mazwi? asi kulamadoda na ahleliyo pezu
kwodonga, ukuba atye elawo ilindhle, no-
kuba asele owawo umtundo, kunye nani?
28 Waza wema u-Rabeshake, wadandu-
luka ngelizwi elikulu ngesi-Juda, wateta,
wati: Yivani amazwi ake ukumkani omku-
lu, ukumkani we-Asiriya! 29 Utsho u-
kumkani ukuti: Maningakohliswa ngu-
Hezekiya; ngokuba eya kukohlwa kukuni-
sindisa esandhleni sake. 30 Kanjako ma-
kangati u-Hezekiya anitembise KUYEHOVA,
ngokuti: UYEHOVA wosisindisa ngennyani-
so; na*ngokuti:* Esisixeko asisayi kunikelwa
esandhleni sokumkani we-Asiriya. 31 Ni-
ngapulapuli ku-Hezekiya; ngokuba esitsho
ukumkani we-Asiriya ukuti: Yenzani
uxolo nami, nipumele kumi, nitye abanye
ngabanye kumti weveyine wabo, nabanye
ngabanye kumkiwane wabo, nisele abanye
ngabanye amanzi equla labo; 32 ndide
ndize ndinise elizweni elinjengelizwe le-
nu, ilizwe lennqolowa neveyine, ilizwe le-
sonka nemiyezo yemiti yeveyine, ilizwe
leoli yamanquma nobusi; ukuba nidhle
ubomi, ningafi nokufa: nize ningapulapuli
ku-Hezekiya, nxa anihendayo, esiti: UYE-
HOVA wosisindisa. 33 Otixo benklanga
bake balisindisa na abanye ngabanye ili-
zwe labo esandhleni sokumkani we-Asiri-
ya? 34 bapina otixo base-Hamati nabase-
Arapadi? bapina otixo base-Sefarevayime,
ne-Hena, ne-Hiva? kanene bayisindisile i-
Samariya esandhleni sami na? 35 Ngoba-
nina pakati kwabo bonke otixo bamazwe
lawo, abalisindisileyo ilizwe labo esandhle-
ni sami, ukuba UYEHOVA ayisindise i-Yeru-
saleme esandhleni sami?
36 Koko abantu bati cwaka, bengampe-
ndulanga nangazwi: ngokuba umyalelo
wokumkani ubungowokuti: Aniyi kumpe-
ndula.
37 Kwandula kweza u-Eliyakime unyana
ka-Hilikiya, obepezu kwendhlu, no-Shibe-
na umbàli, no-Jowahi unyana ka-Safa
umkumbuzi, ku-Hezekiya, benezivato ezi-
razukileyo, bamshumayeza amazwi ka-
Rabeshake.

19 Kwaye kute, akuva u-Hezekiya, wa-
ndula warazula izivato zake, wazigu-
bungela ngenklakanklaka, wangena en-
dhlwini KAYEHOVA. 2 Waza watuma
u-Eliyakime, obepezu kwendhlu, no-
Shibena umbàli, nabadala bakubaperisite,
begujungelwe ngenklakanklaka, ukuya
ku-Yisaya umprofite, unyana ka-Amotse.
3 Baye besiti kuye: Utsho u-Hezekiya u-
kuti: Namhla ngumhla wobunzima, neso-
hlwayo, nogxeko; ngokuba abantwana beze
endaweni yokutyoboza, kanti akuko ama-
ndhla ukuzala. 4 Kungaba UYEHOVA, UTIXO
wako, uya kuva onke amazwi ka-Rabesha-
ke, otunyiweyo ngukumkani we-Asiriya,
inkosi yake, ukuza kutuka UTIXO opilileyo,
amohlwayele amazwi awavileyo UYEHOVA,
UTIXO wako; ngako pakamisa umtandazo
ngennxa isisalela esikoyo.
5 Kwa njalo izicaka zokumkani u-Heze-
kiya zeza ku-Yisaya. 6 Waza u-Yisaya
wati kuzo: Niya kutsho enkosini yenu



University of Fort Hare

nisiti: Utsho UYEHOVA ukuti: Ungoyiki
ngennxa yamazwi uwavileyo, lawo abafana
bokumkani we-Asiriya bandigxekile nga-
wo. 7 Bona ke, ndiya kubeka ummoya
kuye, waeya kuva ireto, abuyele elizweni
lake; ndandiya kumenza awe ngesirele
elizweni lake.

8 Wada wabuya u-Rabeshake, wamfu-
mana ukumkani we-Asiriya esilwa ngaku-
yo i-Libena: ngokuba ebevile ukuba undu-
lukile e-Lakishe. 9 Wati akuva ngaye
u-Tiraka ukumkani we-Tiyopiya, kusitwa:
Bona ke, upumile ukuza kulwa nawe: wa-
ndula wabuya watuma izigidimi ku-Heze-
kiya, esiti: 10 Niya kutsho ku-Hezekiya
ukumkani wo-Juda, nisiti: Maungakohli-
swa NGUTIXO wako, lowo utemba kuye,
esiti: i-Yerusaleme ayiyi kunikelwa esa-
ndhleni sokumkani we-Asiriya. 11 Bona
ke, ukuvile oko bakwenzileyo okumkani
be-Asiriya kuwo onke amazwe, ngokuwa-
lahlela ekutshatyalalisweni; kekaloku we-
na uya kusindiswa ke na? 12 Otixo ben-
klanga, ezo bazitshabalalisile obawo, ke-
bazisindisa na; i-Gozane, ne-Karane, ne-
Retsefe, nosapo lwase-Hedeni, oluse-Tela-
sare? 13 Upina ke ukumkani we-Hamati,
nokumkani we-Arapadi, nokumkani we-
sixeko se-Sefarevayime, *ne*-Hena, ne-
Hiva?

14 Waye u-Hezekiya eyamkela innewa-
di leyo esandhleni sezigidimi, wayilesesha,
wenyuka waya endhlwini KAYEHOVA; waza
u-Hezekiya wayaneka ebusweni BUKAYEHO-
VA. 15 Watandaza u-Hezekiya ebusweni
BUKAYEHOVA, wati: YEHOVA, TIXO wo-Sira-
yeli, ohleli pakati kwazo ikerubime! u-
nguwe wedwa ONGUTIXO wabo bonke ubu-
kumkani bomhlaba; wenzile wena izulu
nomhlaba. 16 Tobela, YEHOVA! indhlebe
yako, uve; vula, YEHOVA! amehlo ako, u-
bone; uze uweve amazwi ka-Senakeribe,
omtumileyo ukuza kutuka UTIXO opilileyo.
17 Ngennyaniso, YEHOVA! okumkani be-
Asiriya bacitakalisile inklanga namazwe
azo; 18 notixo bazo babalahlele emlilweni:
ngokuba bengengabo otixo bona, koko be-
ngumsebenzi wezandhla zabantu, imiti na-
matye; ngako babatshabalalisile. 19 Nga-
ko kaloku, YEHOVA, TIXO wetu! zusisindise
esandhleni sake, ukuze bonke ubukumkani
bomhlaba bazi ukuba wena UNGUYEHOVA,
UTIXO, wena wedwa.

20 Waza u-Yisaya unyana ka-Amotse
watuma ku-Hezekiya, esiti: Utsho UYEHO-
VA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Oko ukuta-
ndazile kumi ngaye u-Senakeribe, ukumka-
ni we-Asiriya, ndikuvile. 21 Lilo eli ili-
zwi alitetileyo UYEHOVA pezu kwake:

Intombi ipela, intombi ye-Ziyone, iya-
kudela, iyakuhleka; intombi ye-Yerusale-
me iyahlunguzela inkloko ngakuwe. 22
Ngubanina omtukileyo, nomgxekileyo?
kungakubanina ulipakamisile ilizwi, na-
mehlo ako uwanyusile ngapezulu? ngaku-
ye oyingcwele ka-Sirayeli. 23 Ngazo izi-
gidimi zako uyitukile INKOSI, wati: Ngo-
buninzi bennqwelo zami ndiqolile indawo
ezipezulu zentaba, amatambeka e-Lebano-
ne; sendiya kugaula isedare zayo ezinde,
nemiberoshe yayo edhlulisileyo; ndofikela
eyokupela indawo yayo yokulalisa, ihlati
layo elicumileyo. 24 Ndimbele ndasela
amanzi asemzini ke; nangomzantsi wen-
nyawo zami ndiyomisile yonke imilambo
yase-Jipete.

25 Akuvanga na, ukuba kudala ndikwe-
nzile oku, ukuba emihleni yamatanci nda-
kuqinga? kaloku ndikuzisile kubako, uku-
ba kucitakaliswe izixeko ezinqatyisiweyo
zibe zimfumba ezitshabaleleyo. 26 Ngako
abemi bazo bebenamandhla amancinane;
babete qege, badana nokudana; babe-
*njeng*ennca yasendhle, na*njeng*otyani obulu-
hlaza, *njeng*esikota pezu kwezindhlu, na-
*njeng*embabala kungekadutyulwa. 27 Ko-
dwa ukuhlala kwako, nokupuma kwako,
nokungena kwako, ndiyakwazi, kwa noku-
jala kwako ngakumi. 28 Ngennxa yokuba
ukujala kwako ngakumi, nokuratsha kwa-
ko, kunyukele ezindhlebeni zami, ndiya
kufaka igwegwe lami empumlweni yako,
nomkala wami emlonyeni wako, ndize ndi-
kubuyise ngalondhlela ubusiza ngayo.

29 Kanjalo oku kwoba ngumqondiso
kuwe: Kuya kutyiwa lomnyaka okuhlu-
mayo ngokwako; nangomnyaka wesibini
okupumayo ngokunjalo; nangomnyaka we-
sitatu hlwayelani, nivune nokuvuna, tya-
lani nemiyezo, nesiqamo sayo nisidhle.
30 Boti abasindileyo bendhlu ka-Juda, abo
baseleyo, babuye bendelise ingcambo nga-
pantsi, bahlanze isiqamo ngapezulu. 31
Ngokuba kuya kupuma e-Yerusaleme isi-
salela, nasentabeni ye-Ziyone abo basindi-
leyo: ubukwelo BUKAYEHOVA wemikosi bo-
kwenza oku.

32 Ngako oko, utsho UYEHOVA ngaye
ukumkani we-Asiriya ukuti: Akayi ku-
ngena kwesisixeko, akayi kulutolela kona



University of Fort Hare
Together in Excellence

utolo kanjako ; akayi kuza pambi kwaso ne-
kaka, akayi kuyiposela indulana ngakuso
kananjalo. 33 Londhlela ubesiza ngayo,
uya kubuya kwa ngayo, nakuso esisixeko
akayi kungena, utsho UYEHOVA. 34 Ngo-
kuba ndiya kukusela isixeko esi, ndisi-
sindise, ngennxa yokwami, nangennxa ka-
Davide isicaka sami.

35 Kwaza kwati ngobobusuku, yapuma
ingelosi KAYEHOVA, yabulala emnqubeni
wama-Asiriya ikulu linamashumi asibozo
enesihlanu lamawaka: kwati kwakuvu-
kwa kusasa ngomnye umhla, nanga onke
eyimizimba efileyo. 36 Wandula u-Sena-
keribe ukumkani we-Asiriya wanduluka,
wahamba, wabuya, waya wahlala e-Nineve.
37 Kwada kwati, nxa abezitoba endhlwini
ka-Niseroki utixo wake, basuka u-Adra-
meleki no-Sharetsere onyana bake bambu-
lala ngesirele; bati bona basindela ezweni
le-Ararate: waza u-Esare-hadoni unyana
wake waba ngukumkani esikundhleni sake.

20 NGALOMIHLA wabesifa u-Heze-
kiya wada waza kububa. Wandula
weza kuye u-Yisaya unyana ka-Amotse,
umprofite, wati kuye: Utsho UYEHOVA u-
kuti: Yolela indhlu yako; ngokuba uya
kububa wena, akuyi kupila. 2 Waza wa-
songa ubuso bake ngaseludongeni, wata-
ndaza KUYEHOVA, esiti: 3 Ke, YEHOVA!
uze ukumbulele okokuba ndihambile ebu-
sweni bako ngennyaniso nangenkliziyo
ekolisekileyo, nokuba ndikwenzile okulu-
ngileyo emehlweni ako. Waza u-Hezekiya
walila ngokulila okukulu.

4 Kwaye kute, nxa u-Yisaya ebengeka-
pumanga kwesapakati isixeko, kweza ili-
zwi LIKAYEHOVA kuye, lisiti: 5 Buya, uye
uti ku-Hezekiya inkosi yabantu bami:
Utsho UYEHOVA, UTIXO ka-Davide uyihlo
wako, ukuti: Ndivile umtandazo wako,
ndibonile innyembezi zako; bona ke, ndiya
kukupilisa: ngomhla wesitatu uya kunyu-
ka uye endhlwini KAYEHOVA: 6 ndandiya
kwongeza emihleni yako iminyaka ilishu-
mi linesihlanu; ndiya kusindisa wena, ne-
sixeko esi, esandhleni sokumkani we-Asi-
riya; ewe ndosikusela esisixeko ngennxa
yokwami, nangennxa ka-Davide isicaka
sami. 7 Wandula wati u-Yisaya: Taba-
tani isimba lamakiwane. Baza balitabata,
balibeka pezu kwetumba, wapila ke.

8 Kekaloku u-Hezekiya ebete ku-Yisaya:
Umqondiso uyinto nina wokuba UYEHOVA
wondipilisa, nokuba ndiya kunyuka ndiye
endhlwini KAYEHOVA ngomhla wesitatu ?
9 Waza wati u-Yisaya: Oku kwoba ngum-
qondiso kuwe uvela KUYEHOVA, wokuba
UYEHOVA uya kwenza lento ayitetileyo: Isi-
tunzi siya kuhamba izinyuko ezilishumi,
siya kubuya izinyuko ezilishumi, kusinina?
10 Wayesiti u-Hezekiya: Kuyinto elula
yokuba isitunzi sihle izinyuko ezilishumi;
hai, kambe, masibuye isitunzi ngomva izi-
nyuko ezilishumi. 11 Waza wabiza u-
Yisaya umprofite KUYEHOVA; owabuyisa
isitunzi ngomva izinyuko zalishumi, nge-
zinyuko esibe sihlile ngazo pezu kwelitye
lokuxela ixesha lika-Ahazi.

12 Ngeloxesha watuma u-Berodaki-
baladane, unyana ka-Baladane, ukumkani
we-Babilone, innewadi nebaso ku-Hezeki-
ya: ngokuba ebevile ukuba u-Hezekiya
ubesifa. 13 Waye u-Hezekiya epulapula
kubo, wababonisa yonke indhlu yake yoku-
bekela, isilivere, negolide, nezimnandi,
neoli enqabileyo, nayo yonke indhlu ye-
zixòbo zake, nako konke okube kufunya-
nwa pakati kwendyebo zake: akwabiko
'nto endhlwini yake, nakubo bonke ubu-
kosi bake, abebengabonisiwa yona ngu-
Hezekiya.

14 Wandula weza u-Yisaya umprofite
kukumkani u-Hezekiya, wati kuye: Ate
nina lamadoda? avela pina ukuza kuwe?
Wati u-Hezekiya: Avele elizweni elikude,
e-Babilone. 15 Waza wati: Yinto nina
ayibonileyo endhlwini yako? Wayesiti
u-Hezekiya: Konke okusendhlwini yami
akubonile; akuko 'nto pakati kwendyebo
zami endingawabonisanga yona. 16 Wa-
ndula wati u-Yisaya ku-Hezekiya: Yiva
ilizwi LIKAYEHOVA. 17 Bona ke, imihla
iyeza, kwakuba konke okusendhlwini ya-
ko, noko bakubekeleyo oyihlo bako kwada
kwanamhla nje, kuya kusiwa e-Babilone;
akuyi kusala nento, utsho UYEHOVA. 18
Nakubo onyana bako abaya kupuma kuwe,
abo uya kubazala, baya kususa *innxennye*;
babeya kuba ngababusi eluxandeni lwo-
kumkani we-Babilone. 19 Waza wati u-
Hezekiya ku-Yisaya: Lilungile ilizwi LI-
KAYEHOVA, elo ulitetileyo. Wati kanjako:
Alinjalo na, nxa kuya kubako uxolo nen-
nyaniso emihleni yami?

20 Kekaloku isisalela semicimbi ka-He-
zekiya, nawo onke amandhla ake, nokuba
wati nina ukwenza icibi, nomjelo, noku-
ngenisa amanzi esixekweni, ayibàlwanga



University of Fort Hare

na yona ennewadini yemicimbi yemihla
ngemihla yokumkani bo-Juda? 21 Wada
u-Hezekiya walala noyise bake; waza u-
Manase unyana wake waba ngukumkani
esikundhleni sake.

21 EBEYIMINYAKA ilishumi linesibini
u-Manase ubudala bake, akuba ngu-
kumkani, wapata ubukumkani iminyaka
yamashumi mahlanu anamihlanu e-Ye-
rusaleme. Igama lonina belingu-Hefe-
tsiba. 2 Wayesenza okukohlakeleyo e-
mehlweni KAYEHOVA, njengento ezibuntsho-
ntsho zabaheyideni, ababegqogqiwe NGUYE-
HOVA pambi kwalo usapo luka-Sirayeli.
3 Ngokuba wabuya wazaka indawo ezipa-
kamileyo, ezo u-Hezekiya uyise wake ube-
zitshabalalisile; wamisela u-Bali izibingelo,
wenza umfanekiso ka-Ashera, njengokuba
ebenje njalo u-Ahabi ukumkani wo-Sira-
yeli, wazitoba kuwo wonke umkosi we-
zulu, wawukonza. 4 Waka izibingelo
nasendhlwini KAYEHOVA, owabesiti UYEHOVA
ngayo: e-Yerusaleme ndiya kubeka igama
lami. 5 Wakela nawo wonke umkosi we-
zulu izibingelo, emabaleni omabini endhlu
KAYEHOVA. 6 Wayedhlulisa unyana wake
emlilweni, wenza ngobugqi, walaula, we-
nzelana nemishologu namatola: wandisa
ukwenza okukohlakeleyo emehlweni KAYE-
HOVA, ukumqumbisa. 7 Kanjako wabeka
umfanekiso oqingqiweyo ka-Ashera abewe-
nzile endhlwini, owabesiti UYEHOVA ngayo
ku-Davide naku-Solomone unyana wake:
Kulendhlu, nakuyo i-Yerusaleme, endiyi-
nyulileyo kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli,
ndiya kubeka igama lami kude kube ngu-
napakade: 8 ndandingayi kupinda uku-
shukumisa innyawo zo-Sirayeli emhlabeni,
endiwunikileyo koyise babo; kupela uku-
ba baya kulumkela ukwenza ngako konke
endibayaleleyo, nangawo wonke umteto
sibe sibayalela wona isicaka sami u-Mosesi.
9 Abapulapula noko: ngokuba u-Manase
wabadungudelisa, bada bakwenza oku-
kohlakeleyo ngapezu kwabaheyideni, abo
wabatshabalalisayo UYEHOVA pambi kwalo
usapo luka-Sirayeli.
10 Waza wateta UYEHOVA ngezicaka zake
abaprofite, esiti: 11 Ngenxa yokuba u-
Manase ukumkani wo-Juda ezenzile ezi-
zinto zibuntshontsho, esenza ngokukohla-
keleyo nje ngapezu kwako konke ababe-
kwenza aba-Amori, abebepambili kuye,
nokuba ebenzile no-Juda bone ngezitixwa-
na zake; 12 ngako oko, utsho UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Bona ke, ndiya
kuzisa ilishwa pezu kwe-Yerusaleme no-
Juda, aya kuti osukuba eliva, indhlebe
zake zombini zokenceza. 13 Ngokuba
ndiya kwolula pezu kwe-Yerusaleme inta-
mbo ye-Samariya, nesilinganiso sendhlu
ka-Ahabi; ndandiya kusula i-Yerusaleme
njengokuba *umntu* esula isikotile; esisula-
yo, andul' ukusipetula pezu kwobuso baso.
14 Kanjalo ndiya kulahla abaseleyo belifa
lami, ndibanikele esandhleni sentshaba
zabo; boba yinto yokupangwa neyokuti-
njwa kuzo zonke intshaba zabo; 15 ngen-
nxa yokuba bekwenzile okukohlakeleyo
emehlweni ami, nokuba bendiqumbisile,
kwa semhleni ababepuma oyise babo e-
Jipete, kwada kwanamhla nje.
16 Nakanjako igazi elingenatyala wali-
palaza u-Manase ngento enninzi kakulu,
wada wazalisa i-Yerusaleme kwa kwennyo
inncame kude kwakwennyu; ngapandhle
kwesono sake owabenza o-Juda bone ngasu,
ngokwenza okukohlakeleyo emehlweni KA-
YEHOVA.
17 Kekaloku isisalela semicimbi ka-Ma-
nase, nako konke abekwenza, nesono sako
wona ngaso, ayibàlwanga na yona ennewa-
dini yemicimbi yemihla ngemihla yoku-
mkani bo-Juda? 18 Wada u-Manase wa-
lala noyise bake, wanewatywa emyezweni
wendhlu yake, emyezweni ka-Huza; waza
u-Amoni unyana wake waba ngukumkani
esikundhleni sake.

19 EBEYIMINYAKA imashumi mabini
anesibini u-Amoni ubudala bake, akuba
ngukumkani, wapata ubukumkani iminya-
ka yamibini e-Yerusaleme. Igama lonina
belingu-Meshulemete, intombi ka-Harutse,
owase-Yoteba. 20 Wayesenza okukohla-
keleyo emehlweni KAYEHOVA, njengokuba
ebenje njalo u-Manase uyise. 21 Ngokuba
ebehamba kuyo yonke indhlela owahamba
ngayo uyise; wakonza izitixwana abesiko-
nzile uyise, watoba pambi kwazo: 22 wam-
shiya UYEHOVA, UTIXO woyise bake; aka-
hamba endhleleni KAYEHOVA. 23 Zaza
izicaka zika-Amoni zaceba ngakuye, zamfi-
sa ukumkani kweyake indhlu. 24 Kodwa
abantu belizwe babulala bonke abebeco-
bile ngakuye ukumkani u-Amoni: bandula
abantu belizwe bamenza u-Josiya unyana
wake ukumkani esikundhleni sake.
25 Nesisalela semicimbi ka-Amoni, oko



University of Fort Hare

wakwenzayo, ayibàlwanga na yona enncwa-
dini yemicimbi yemihla ngemihla yoku-
mkani bo-Juda? 26 Waza wancwatywa
encwabeni lake emyezweni ka-Huza; wati
u-Josiya unyana wake waba ngukumkani
esikundhleni sake.

22 EBEYIMINYAKA asibozo u-Josiya
ubudala bake, akuba ngukumkani,
wapata ubukumkani iminyaka yamashumi
matatu anamnye e-Yerusaleme. Igama lo-
nina belingu-Yedida, intombi ka-Hadaya,
owase-Botsekate. 2 Wayesenza okufane-
leyo emehlweni KAYEHOVA, wahamba kuyo
yonke indhlela ka-Davide uyise, engapa-
mbukelanga nangasekunene nangasekohlo.
3 Kwaye kute ngoweshumi linesibozo
umnyaka wokumkani u-Josiya, watuma
ukumkani u-Shafane, unyana ka-Atsaliya,
unyana ka-Meshulame, umbàli, ukuya
endhlwini KAYEHOVA, esiti: 4 Nyuka uye
ku-Hilikiya umperisite omkulu, ukuze a-
bale imali ezisiweyo endhlwini KAYEHOVA,
leyo abagcini bomnyango bayibutile eba-
ntwini; 5 bandule bayinike esandhleni
sabo bawenza umsebenzi, sabo bonganyisi-
weyo pezu kwendhlu KAYEHOVA; bati ke
bona bayinike kubo abawenza umsebenzi
osendhlwini KAYEHOVA, ukuze kulungiswe
intanda zendhlu, 6 kwinncibi zemiti ha-
kubaki, nakubenzi bendonga, nokuba ku-
tengwe imiti, namatye aqandulweyo, u-
kuze kulungiswe indhlu. 7 Kodwa aba-
buzwa ngemali ebinikwa esandhleni sabo,
ngokuba bebesenza bona ngennyaniso.
8 Waza u-Hilikiya umperisite omkulu
wati kuye u-Shafane umbàli: Inncwadi
yomteto ndiyifumene endhlwini KAYEHOVA.
Wandula u-Hilikiya wayinika inncwadi
leyo ku-Shafane, owayileseshayo. 9 Wa-
suka u-Shafane umbàli weza kukumkani,
wamzisela ukumkani impendulo, wati: I-
zicaka zako zikupile imali ebifunyanwa
endhlwini, zayinika esandhleni sabo bawe-
nza umsebenzi, sabo bonganyisiweyo pezu
kwendhlu KAYEHOVA. 10 Waye kanjalo
u-Shafane umbàli wayeshumayela kuku-
mkani, esiti: Ndinikiwe inncwadi ngu-Hi-
likiya umperisite. Waza u-Shafane wayi-
lesesha ebusweni bokumkani. 11 Kwaye
kute, xeshekweni ukumkani wevayo ama-
zwi omteto, warazula izivato zake. 12 Wa-
ndula ukumkani wayalela u-Hilikiya
umperisite, no-Ahikame unyana ka-Shafa-
ne, no-Hakebore unyana ka-Mikaya, no-
Shafane umbàli, no-Hasaya isicaka soku-
mkani, ngokuti: 13 Hambani, niye ni-
buze KUYEHOVA ngennxa yami, nangennxa
yabantu, nangennxa yo-Juda bonke, pezu
kwamazwi alenncwadi ifunyenweyo: ngo-
kuba umkulu umsindo KAYEHOVA ovutayo
ngakuti, ngokokuba obawo betu bengapu-
lapulanga kuwo amazwi alenncwadi, u-
kwenza ngako konke okubàliweyo ngati.
14 Wayehamba u-Hilikiya umperisite,
no-Ahikame, no-Hakebore, no-Shafane, no-
Hasaya, ukuya ku-Hulida umprofitekazi,
umfazi ka-Shalume, unyana ka-Tikeva, u-
nyana ka-Harehase, umgcini wezivato;
(waye yena ehlala e-Yerusaleme, kwesesi-
bini isahlulo *sayo*;) baza bateta naye.
15 Wayesiti kubo: Utsho UYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli, ukuti: Yitini kwindoda eni-
tumileyo ukuza kumi: 16 Utsho UYEHOVA
ukuti: Bona ke, ndiya kuzisa ilishwa pezu
kwalendawo, napezu kwabemi bayo, onke
amazwi enncwadi ayileseshileyo ukumkani
wo-Juda: 17 ngennxa yokuba bendishiyile,
nokuba bequmisile kotixo bambi, ukuze
bandiqumbise ngako konke ukwenza kwe-
zandhla zabo; ngako umsindo wami uya
kuvuta ngakuyo lendawo, ungacinywa ke.
18 Kodwa kukumkani wo-Juda, onitumi-
leyo ukuza kubuza KUYEHOVA, niya kutsho
kuye ngokuti: Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti: Amazwi uwavileyo,—
19 ngokokuba inkliziyo yako ibitambile,
nokuba wazigoba pambi KWOYEHOVA, wa-
kukuva oko enditetile kona pezu kwale-
ndawo, napezu kwabemi bayo, ukuba babe
yingcitakalo nesiqalekiswa, warazula izi-
vato zako, walila nokulila ebusweni bami;
kanjalo nami ndikuvile *wena*, utsho UYE-
HOVA. 20 Ngako oko, bona ke, ndiya ku-
kubutela koyihlo bako, wauya kubutelwa
encwabeni lako ngoxolo; namehlo ako wo-
na akayi kubona lonke ilishwa endiya ku-
lizisa pezu kwalendawo. Baza bamzisela
ukumkani impendulo.

23 Wandula watuma ukumkani; baza
bahlanganisela kuye bonke abadala
bo-Juda ne-Yerusaleme. 2 Wayenyuka u-
kumkani waya endhlwini KAYEHOVA, nawo
onke amadoda akwa-Juda, nabo bonke abe-
mi base-Yerusaleme, kunye naye, nabape-
risite, nabaprofite, nabo bonke abantu,
kwa nabancinane nabakulu; waza walese-
sha ezindhlebeni zabo onke amazwi en-
ncwadi yocebano, ebifunyenwe endhlwini
KAYEHOVA. 3 Wema ukumkani pezu kwen-



University of Fort Hare

dawo epezulu, wenza ucebano pambi
KWOYEHOVA, lwokuba kulandelwe UYEHOVA,
nokuba kugcinwe imiyalelo yake, nezinqì-
nelo zake, nezimiselo zake, ngayo yonke
inkliziyo, nangawo wonke umpefumlo, ku-
fezwe amazwi olucebano abàliweyo ku-
lenncwadi. Bati bonke abantu bema kulo
ucebano olo.

4 Waza ukumkani wayalela u-Hilikiya
umperisite omkulu, nabaperisite besesibini
isaci, nabagcini bomnyango, ukuba bakupe
etempileni KAYEHOVA zonke impahla ezibe
zenzelwe u-Bali, no-Ashera, nawo wonke
umkosi wezulu; wandula wazitshisa nga-
pandhle kwe-Yerusaleme ezindhleni zase-
Kidrone, wasa ututu lwazo e-Betele. 5
Kanjalo wabasusa ababingeli, abo okumka-
ni bo-Juda bebebamisele ukuba baqumise
pezu kwendawo ezipakamileyo ezixekweni
zakwa-Juda, nasezindaweni ezingqongayo
i-Yerusaleme; kwa nabo baqumisayo ku-
Bali, *na*kulo ilanga, nakuyo innyanga,
nakuzo izikwenkwezi zendhlela yelanga,
nakuwo wonke umkosi wezulu. 6 Nom-
fanekiso ka-Ashera wawukupa endhlwini
KAYEHOVA, ngapandhle kwe-Yerusaleme,
ngasemlanjaneni we-Kidrone, wawutshisa
emlanjaneni we-Kidrone, wawukanda wa-
da walutuli, waluposa utuli lwawo pezu
kwamancwaba osapo lwabantu. 7 Wayezi-
cita izindhlu zengnawo, ezibe zingasen-
dhlwini KAYEHOVA, apo amankazana alu-
kela u-Ashera intente kona.

8 Waza wabavelisa bonke abaperisite
ezixekweni zakwa-Juda, wazincolisa in-
dawo ezipakamileyo, apo abaperisite bebe-
qumisile kona, *kutabata* e-Geba kude kwa-
se-Beresheba, wazicita indawo ezipakami-
leyo zasemasangweni, *naleyo* ebisemnyango
wesango lika-Yoshuwa inkosi yesixeko,
ngasekohlo kwomntu esangweni lesixeko.
9 Kodwa abaperisite bendawo ezipakami-
leyo bebengenyuki ukuza esibingelweni
SIKAYEHOVA e-Yerusaleme; koko bebesi-
dhla izonka ezingenagwele pakati kwaba-
zalwana babo.

10 Wancolisa ne-Tofete, esesihlanjeni
sonyana baka-Hinome, ukuze kungabiko
umntu odhlulisayo unyana wake nento-
mbi yake emlilweni pambi kwo-Moleke.
11 Kanjalo wawasusa amahashe, lawo
okumkani bo-Juda bebewanikile elangeni,
ekungenweni kwendhlu KAYEHOVA, *wawa-
beka* enkambilini ka-Natane-meleke um-
busi, ebisezindaweni zangapandhle; nen-
nqwelo zelanga wazitshisa ngomlilo. 12
Nezibingelo ezibe zipezu kwesifulelwa sen-
kambili yapezulu ka-Ahazi, ezibe zenziwe
ngokumkani bo-Juda, nezibingelo ezibe
zenziwe ngu-Manase emabaleni omabini
endhlu KAYEHOVA, waziwisa ukumkani,
wazicita kwa kona, waluposa utuli lwazo
emlanjaneni we-Kidrone. 13 Nendawo
ezipakamileyo ezibe zipambi kwe-Yerusa-
leme, ezibe zingasekunene kwentaba yo-
lwonakaliso, ezo u-Solomone ukumkani
wo-Sirayeli ubezakele u-Hashetorete, in-
tshontsho yama-Tsidone, no-Kemoshe, in-
tshontsho yama-Mowabi, no-Milikome,
intshontsho yosapo luka-Hamoni, wazinco-
lisa ukumkani. 14 Waziqekeza intsika
*zamatye*, wazigaula i-Ashera, wazalisa in-
dawo zazo ngamatambo abantu.

15 Nakanjako isibingelo esibe sise-Bete-
le, *n*endawo epakamileyo ebe yenziwe ngu-
Jerobome unyana ka-Nebati, owenzayo o-
Sirayeli bone, kwa nesibingelo eso nenda-
wo epakamileyo leyo wazicita; waza wa-
yitshisa indawo epakamileyo, wayikanda
yada yalutuli, wawutshisa nomfanekiso ka-
Ashera. 16 Wati akubekabeka u-Josiya,
wabona amancwaba abekona entabeni apo,
watuma ke, wasusa amatambo emancwa-
beni lawo, wawatshisa pezu kwesibingelo,
wasincolisa, njengelizwi LIKAYEHOVA elibe
lishunyayelwe yindoda KATIXO, eyashuma-
yelayo ezizinto. 17 Wandula wati: Yin-
tsika nina le endiyibonayo? Aza ati
kuye amadoda esixeko: Linewaba len-
doda KATIXO, eyavela kwa-Juda, yashuma-
yela ezizinto uzenzileyo ngakuso isibingelo
sase-Betele. 18 Wayesiti: Yiyekeni, ma-
kungashukunyiswa 'mntu amatambo ayo.
Kwa njalo basindisa amatambo ayo, kunye
namatambo omprofite owavela e-Sama-
riya.

19 Kanjako nazo zonke izindhlu zendawo
ezipakamileyo ezibe zisezixekweni zase-
Samariya, ezo okumkani bo-Sirayeli bebe-
zenzile ukumqumbisa *u-Yehova*, wazisusa
u-Josiya, wenza kuzo njengazo zonke ize-
nzo abezenzile e-Betele. 20 Waza waba-
binga bonke abaperisite bendawo ezipaka-
mileyo, ababekona, pezu kwezibingelo,
watshisa amatambo abantu pezu kwazo:
wada wabuyela e-Yerusaleme.

21 Wandula ukumkani wabayalela bo-
nke abantu, ngokuti: Bambani ipasika
KUYEHOVA, UTIXO wenu, njengokubàliweyo
enncwadini yocebano olu. 22 Ngennya-





University of Fort Hare

niso bekungabanjwanga ipasika enjengalé,
kuselokwemihla yabagwebi abagwebayo
o-Sirayeli, nakuyo yonke imihla yoku-
mkani bo-Sirayeli, neyokumkani bo-Juda;
23 kupela ngoweshumi linesibozo unnya-
ka wokumkani u-Josiya, *ekukuwo* kwaba-
njwa lepasika KUYEHOVA e-Yerusaleme.

24 Kananjalo abenzelana nemishologu,
namatola, neterafi, nezitixwana, nazo zo-
nke izinto ezibuntshontsho ezibe zibona-
kala elizweni lakwa-Juda nase-Yerusaleme,
wazisusa u-Josiya; ukuze awafeze amazwi
omteto abebàliwe ennewadini, ebifunye-
nwe ngu-Hilikiya umperisito endhlwini
KAYEHOVA. 25 Nanjengaye bekungeko
ukumkani pambili kuye, owaguqukela
KUYEHOVA ngayo yonke inkliziyo yake, na-
ngawo wonke umpefumlo wake, nangawo
onke amandhla ake, njengawo wonke um-
teto ka-Mosesi; nasemva kwake beku-
ngavuki onjengaye.

26 Noko UYEHOVA akaguquka ebushu-
shwini bengqumbo yake enkulu, ebekunga-
bo yavuta ingqumbo yake ngakuyo i-Ye-
rusaleme, ngennxa yazo zonke ingcapu-
kiso abemcapukisile ngazo u-Manase. 27
Wada wati UYEHOVA: Kwa no-Juda ndo-
bakwelelisa ebusweni bami, njengokuba
ndibakwelelisile o-Sirayeli; ndandiya ku-
lahla isixeko esi, i-Yerusaleme endiyinyuli-
leyo, nendhlu endite ngayo: Igama lami
loba kona.

28 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Josiya, nako konke abekwenza, ayibàlwa-
nga na yona ennewadini yemicimbi yemi-
hla ngemihla yokumkani bo-Juda?

29 Emihleni yake kwenyuka u-Faro
Neko ukumkani we-Jipete, ukuya ngakuye
ukumkani we-Asiriya, ngasemlanjeni wom-
Ferate: waye ukumkani u-Josiya waha-
mba ukuya kumkaulela; waza wambulala
e-Megido, nxa abembonile. 30 Zasuka
izicaka zake zamkwelisa efile ennqwelweni
e-Megido, zamzisa e-Yerusaleme, zamnewa-
ba kwelake inewaba. Bandula abantu be-
lizwe batabata u-Yehowahazi unyana ka-
Josiya, bamtambisa, bamenza ukumkani
esikundhleni soyise.

31 EBEYIMINYAKA imashumi mabi-
ni anesitatu u-Yehowahazi ubudala bake,
akuba ngukumkani, wapata ubukumkani
innyanga zantatu e-Yerusaleme. Igama
lonina belingu-Hamutali, intombi ka-
Jeremiya, owase-Libena. 32 Wayesenza
okukohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA, njo-
ngako konke ababekwenzile oyise bake.
33 Koko u-Faro Neko wamnxibayo e-
Ribela elizweni le-Hamati, ukuze angabi
ngukumkani e-Yerusaleme; wati kanjalo
wabeka pezu kwelizwe inklaulo yekulu le-
talente zesilivere, netalente innye yegolide.

34 Waza u-Faro Neko wamenza u-Eli-
yakime unyana ka-Josiya ukumkani esiku-
ndhleni sika-Josiya uyise, waguqula igama
lake libe ngu-Yoyakime: no-Yehowahazi
wamtabata, owezayo e-Jipete, wafela kona.
35 Kekaloku isilivere leyo negolide leyo
wayinika u-Yoyakime ku-Faro; kodwa
walinganisa ilizwe, ukuba anike imali le-
yo ngomteto ka-Faro; wayibanga isilivere
negolide kubo abantu belizwe, abanye
ngabanye njengokulinganiswa kwabo, u-
kuba ayinike ku-Faro Neko.

36 Ebeyiminyaka imashumi mabini ana-
mihlanu u-Yoyakime ubudala bake, akuba
ngukumkani, wapata ubukumkani iminya-
ka yalishumi elinamnye e-Yerusaleme.
Igama lonina belingu-Zebuda, intombi ka-
Pedaya, owase-Ruma. 37 Wayesenza oku-
kohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA, njenga-
ko konke ababekwenzile oyise bake.

24 Emihleni yake kwenyuka u-Nebuka-
netsare ukumkani we-Babilone, waza
u-Yoyakime waba ngumkonzi kuye imi-
nyaka yamitatu: wandula wajika, wavu-
kela ngakuye. 2 Waza UYEHOVA watuma
ngakuye amabandhla ama-Kaledine, nama-
bandhla ama-Siriya, namabandhla ama-
Mowabi, namabandhla osapo luka-Hamoni,
wawatuma ngakubo o-Juda ukubatsha-
balalisa, njengelizwi LIKAYEHOVA, owali-
tetayo ngezicaka zake abaprofite. 3 Ngen-
nyaniso bekungomteto KAYEHOVA kwehla-
yo *lento* pezu kwo-Juda, ukuba abakwe-
lelise ebusweni bake, ngennxa yezono zika-
Manase, njengako konke abekwenzile; 4
nangennxa yegazi elingenatyala owabeli-
palazile: ngokuba ebezalisile i-Yerusaleme
ngegazi elingenatyala: ngako ebengavumi
UYEHOVA ukuxolela.

5 Kekaloku isisalela semicimbi ka-Yoya-
kime, nako konke abekwenza, ayibàlwa-
nga na yona ennewadini yemicimbi ye-
mihla ngemihla yokumkani bo-Juda? 6
Wada walala u-Yoyakime noyise bake;
waza u-Yoyakine unyana wake waba ngu-
kumkani esikundhleni sake.

7 Waye ukumkani we-Jipete engasa-
pindi ukupuma elizweni lake; ngokuba



University of Fort Hare
Together in Excellence

nkumkani we-Babilone ebetabatile *ilizwe*,
kwa kuwo umlambo wase-Jipete kude kwa-
kuwo umlambo wom-Ferate, lonke elibe
lilelokumkani we-Jipete.

8 EBEYIMINYAKA ilishumi elinesi-
bozo u-Yoyakine ubudala bake, akuba ngu-
kumkani, wapata ubukumkani innyanga
zantatu e-Yerusaleme. Igama lonina beli-
ngu-Nehusheta, intombi ka-Elinatane, owa-
se-Yerusaleme. 9 Wayesenza okukohlake-
leyo emehlweni KAYEHOVA, njengako konke
abekwenzile uyise.

10 Ngeloxesha kwenyuka izicaka zika-
Nebukanetsare ukumkani we-Babilone nga-
kuyo i-Yerusaleme; saza isixeko saugena
ekuvingceleken. 11 Weza no-Nebukane-
tsare ukumkani we-Babilone ngakuso isixe-
ko, nxa izicaka zake bezisivingcela. 12 Wa-
da u-Yoyakine ukumkani wo-Juda wapu-
mela kuye ukumkani we-Babilone, yena,
nonina, nezicaka zake, nenkosana zake, na-
babusi bake: waye ukumkani we-Babilone
wambamba ngomnyaka wesibozo wobu-
kumkani bake. 13 Wandula wazipumisa
kona zonke indyebo zendhlu KAYEHOVA,
nendyebo zendhlu yokumkani, wazihla-
hla zonke impahla zegolide ezibe zenziwe
ngu-Solomone ukumkani wo-Sirayeli ete-
mpileni KAYEHOVA, njengokuba UYEHOVA
ebetshilo. 14 Waza wafudusa yonke i-
Yerusaleme, nazo zonke inkosana, nawo
onke amagora aburoti, ishumi lamawaka
amatinjwa, nazo zonke inncibi nabakandi;
akwasala 'mntu, ngapandhle kwawo ama-
hlwempu abantu belizwe.

15 Kwa njalo wamfudusela u-Yoyakine
e-Babilone; nonina wokumkani, nabafazi
bokumkani, nababusi bake, nabakulu beli-
zwe, wabemkisa e-Yerusaleme ukuya eku-
tinjweni e-Babilone: 16 nawo onke ama-
doda oburoti, amawaka asixenxe, nenncibi
nabakandi, iwaka linye, bonke abangama-
gora eqelene nokulwa, kwa naba wabazisa
ukumkani we-Babilone ekutinjweni e-
Babilone: 17 waza ukumkani we-Babilone
wamenza u-Mataniya, uyisekazi wake,
ukumkani esikundhleni sake, waguqula
igama lake libe ngu-Zedekiya.

18 EBEYIMINYAKA imashumi mabini
anamnye u-Zedekiya ubudala bake, akuba
ngukumkani, wapata ubukumkani imi-
nyaka yalishumi elinamnye e-Yerusaleme.
Igama lonina belingu-Hamutali, intombi
ka-Jeremiya, owase-Libena. 19 Wayese-
nza okukohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA,
njengako konke abekwenzile u-Yoyakime.
20 Ngokuba ngayo ingqumbo KAYEHOVA
kweza *oku* pezu kwe-Yerusaleme napezu
kwo-Juda, wada wabalahla ebusweni bake,
ukuba u-Zedekiya wavukela ngakuye uku-
mkani we-Babilone.

25 Kwaye kuto ngomnyaka wesitoba
wobukumkani bake, ngennyanga ye-
shumi, ngoweshumi *umhla* wennyanga,
weza u-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone, yena nayo yonke impi
yake, ngakuyo i-Yerusaleme, wayiraula;
baza baka innqaba zokulinda ngakuyo
ngento engqongayo. 2 Saye isixeko sise-
kuvingcelekeni kwada kwangunnyaka we-
shumi elinamnye wokumkani u-Zedekiya. 3
Ngowesitoba *umhla* wennyanga *yesine*, isu-
ke indhlala yaba namandhla esixekweni,
kwada akwabiko isonka ebantwini belizwe.
4 Sandula isixeko sagqojozelwa, ati onke
amadoda okulwa *esaba* ngobusuku ngen-
dhlela yesango pakati kwendonga zimbini,
elingasemyezweni wokumkani; ngokuba
ama-Kaledine ebengakuso isixeko ngokuti
ngqonga: wati *ukumkani* wahamba ngen-
dhlela yetafa. 5 Kodwa impi yama-Kale-
dine yamputuma ukumkani, yamfumana
ematafeni ase-Jeriko, nayo yonke impi ya-
ke icitiwe kuye. 6 Baza bambamba uku-
mkani, bamnyusela kuye ukumkani we-
Babilone, e-Ribela, bateta umgwebo pezu
kwake. 7 Baza babulala onyana baka-
Zedekiya pambi kwamehlo ake; bandula
bamfamekisa amehlo ka-Zedekiya, bam-
nxiba ngamakamandela obedu, bamsa e-
Babilone.

8 Nangennyanga yesihlanu, ngowesi-
xenxe *umhla* wennyanga, *ya*lomnyaka obu-
ngoweshumi linesitoba umnyaka woku-
mkani u-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone, weza u-Nebuzaradane, inkosi
yomlisela, isicaka sokumkani we-Babilone,
e-Yerusaleme, 9 watshisa indhlu KAYEHOVA,
nendhlu yokumkani; nazo zonke izindhlu
zase-Yerusaleme, kwa zonke izindhlu za-
bakulu, wazitshisa ngomlilo. 10 Nendo-
nga ze-Yerusaleme eziti ngqonga, yonke
impi yama-Kaledine, ebinayo inkosi yom-
lisela, yazicita. 11 Nesisalela sabantu
ababesele esixekweni, nabapongomi ababe-
pongomele kuye ukumkani we-Babilone,
nesisalela sesihlwele, wabafudusa u-Nebu-
zaradane inkosi yomlisela. 12 Kodwa



University of Fort Hare

amahlwempu elizwe wawasalisa innxen-
nye u-Nebuzaradane inkosi yomlisela, abe
ngabalimi bemiti yeveyine, nabakùbeli.
13 Kanjako intsika zexina ezibe zikuyo
indhlu KAYEHOVA, nezikondo, nolwandhle
lwexina olube lukuyo indhlu KAYEHOVA,
ama-Kaledine aziqekeza, nexina yazo ayi-
tutela e-Babilone. 14 Nembiza, nezikotu-
lulo, nezicimo, negxebeka, nazo zonke
impahla zexina ekube kukonzwa ngazo,
azisusa. 15 Nezipatamlilo, nezitya zoku-
fefela, igolide yezo zegolide, nesilivere
yezo zesilivere, yazisusa inkosi yomlisela.
16 Intsika zombini, ulwandhle lunye,
nezikondo, abete u-Solomone wazenzela
indhlu KAYEHOVA, ibingenakulinganiswa
ixina yazo zonke ezimpahla. 17 Ubupa-
kamo bennye intsika bebuzikubite ezili-
shumi linesibozo; nenkloko pezu kwayo,
yona ibiyixina; nobupakamo benkloko le-
yo, ibizikubite ezintatu, inesetyenzwa eli-
panjanisiweyo, negranate pezu kwenkloko
ngokuti ngqonga, zonke ziyixina: kanjalo
eyesibini intsika ibinezinjengazo ezi, kunye
nesetyenzwa elipanjanisiweyo.
18 Yandula inkosi yomlisela yatabata
u-Seraya umperisite omkulu, no-Tsefaniya
umperisite wesibini, nabagcini bomnyango
bobatatu: 19 nakuso isixeko yatabata um-
busi, lowo obeligosa pezu kwamadoda oku-
lwa; namadoda amahlanu kwabo babebona
ubuso bokumkani, abefunyanwa esixekwe-
ni; nombàli wenkosi yomkosi, owahlanga-
nisa abantu belizwe emfazweni; namadoda
angamashumi matandatu kubo abantu beli-
zwe, abefunyanwa esixekweni: 20 aba
wabatabata u-Nebuzaradane inkosi yomli-
sela, wabazisa kuye ukumkani we-Babilone
e-Ribela: 21 waza ukumkani we-Babilone
wababeta, wababulala e-Ribela elizweni
le-Hamati. Kwa njalo o-Juda bafuduswa
emhlabeni wabo.

22 KEKALOKU abantu ababesele eli-
zweni lakwa-Juda, abo u-Nebukanetsare
ukumkani we-Babilone ebebasalisile, wam-
ongamisa pezu kwabo u-Gedaliya, unyana
ka-Ahikame, unyana ka-Shafane. 23 Zati
zakuva zonke inkosi zezimpi, zona nama-
doda azo, ukuba ukumkani we-Babilone we-
nzile u-Gedaliya umongama, zandula zeza
ku-Gedaliya e-Mitsipa: kwa u-Shimayeli
unyana ka-Netaniya, no-Johanane unyana
ka-Kareha, no-Seraya unyana ka-Tanehu-
mete, um-Netofati, no-Yazaniya unyana
wom-Mahaka, bona namadoda abo. 24 Wa-
za u-Gedaliya wafunga kubo, nakumadoda
abo, wati kubo: Ningoyiki ukuba ngaba-
konzi bama-Kaledine; hlalani elizweni,
nimkonze ukumkani we-Babilone, kwakuya
kulunga kuni. 25 Kodwa bekute ngen-
nyanga yesixenxe, kweza u-Shimayeli,
unyana ka-Netaniya, unyana ka-Elishama,
owenzalo yobukumkani, namadoda alishu-
mi enaye; baza bambeta u-Gedaliya, ukuba
wafa, kwa nama-Juda nama-Kaledine abe-
ko naye e-Mitsipa. 26 Bandula besuka
bonke abantu, kwa nabancinane nabakulu,
nenkosi zezimpi, baya e-Jipete; ngokuba
bebesoyika ngennxa yama-Kaledine.

27 KWAYE kute ngowamashumi mata-
tu anesixenxe umnyaka wokutinjwa kwake
u-Yoyakine ukumkani wo-Juda, ngennya-
nga yeshumi elinesibini, ngowamashumi
mabini anesixenxe *umhla* wennyanga, wati
u-Evili-merodaki ukumkani we-Babilone,
ngomnyaka wokuba ngukumkani kwake,
wapakamisa inkloko ka-Yoyakine ukumka-
ni wo-Juda, *wamkupa* entolongweni, 28 wa-
teta naye ngobuhlobo, wamisa isihlalo sake
ngapezu kwesihlalo sokumkani ababenaye
e-Babilone. 29 Waza waguqula izivato
zake zentolongo, wamana ukutya isonka
ebusweni bake yonke imihla yokudhla
kwake ubomi. 30 Nesabelwa sake sokutya,
kwanikwa kuye isabelwa sokutya esifuti
sivela kukumkani, into yemmini ngemmi-
ni yayo, yonke imihla yokudhla kwake
ubomi.



University of Fort Hare
Together in Excellence

EYOKUQALA INNCWADI

# YEZIKRONIKE.

ISAHLUKO I.

UADAME, u-Shete, u-Enoshe, 2 u-
Kenane, u-Mahalalele, u-Yeredi, 3 u-
Enoki, u-Metushela, u-Lameki, 4 u-Nowa,
u-Sheme, u-Hame, no-Jafete.
5 Onyana baka-Jafete : ngu-Gomere, no-
Magoge, no-Madai, no-Javane, no-Tubali,
no-Mesheki, no-Tirase. 6 Nonyana baka-
Gomere : ngu-Shekenaze, no-Rifate, no-
Togama. 7 Nonyana baka-Javane : ngu-
Elishai, no-Tareshishe ; ngama-Kiti, nama-
Dodani.
8 Onyana baka-Hame : ngu-Kushe, no-
Mitsarime, no-Pute, no-Kanane. 9 Nonyana
baka-Kushe : ngu-Seba, no-Havila, no-
Sabeta, no-Rahama, no-Sabeteka. Nonyana
baka-Rahama : ngu-Sheba, no-Dedane.
10 Kekaloku u-Kushe wazala u-Nimrode ;
yena waqala ukuba ligora emhlabeni.
11 Wati u-Mitsarime wazala ama-Ludi,
nama-Hanami, nama-Lehabi, nama-Nafe-
tuhi, 12 nama-Faterusi, nama-Kaseluhi,
(ekwavela kona ama-Filistiya), nama-
Kafetori. 13 No-Kanane wazala u-Tsidone
owamazibulo wake, no-Hete, 14 kwa
nom-Yebusi, nom-Amori, nom-Giregashe,
15 nom-Hivi, nom-Araki, nom-Sini, 16
nom-Aravadi, nom-Tsemari, nom-Hamati.
17 Onyana baka-Sheme : ngu-Helami,
no-Ashure, no-Rafatsade, no-Lude, no-Ara-
me, no-Hutse, no-Hule, no-Getere, no-Me-
sheki. 18 Wati u-Rafatsade wazala u-Sala,
no-Sala wazala u-Hebere. 19 No-Hebere
kwamzalelwa onyana bababini : igama
lomnye lalingu-Pelege ; ngokuba bekuse-
mihleni yake umhlaba wahlulwa ; negama
lomkuluwe wake lalingu-Yoketane. 20 Wa-
ye u-Yoketane wazala u-Lamodade, no-
Shelefe, no-Hatsamavete, no-Jera, 21 no-
Hadorame, no-Yuzale, no-Dikala, 22 no-
Hebali, no-Abimale, no-Sheba, 23 no-Ofire,
no-Havila, no-Jobabe : bonke aba bango-
nyana baka-Yoketane.
24 U-Sheme, u-Rafatsade, u-Sala, 25 u-
Hebere, u-Pelege, u-Rehu, 26 u-Seruge,
u-Nahore, u-Tera, 27 u-Abrame, okwa
nguye u-Abrahame.

28 ONYANA baka-Abrahame : ngu-
Yisake, no-Shimayeli.
29 Ezi zizizizukulwana zabo : owamazi-
bulo ka-Shimayeli u-Nebayoti, no-Kedare,
no-Adebele, no-Mibisame ; 30 u-Mishama,
no-Duma ; u-Masa, u-Hadade, no-Tema ;
31 u-Jeture, u-Nafishe, no-Kedema. Aba
bangonyana baka-Shimayeli.
32 Nonyana baka-Ketura, ishweshwe
lika-Abrahame : yena wazala u-Zimrane,
no-Yokeshane, no-Medane, no-Midiyane,
no-Shebaki, no-Shuha. Nonyana baka-
Yokeshane : ngu-Sheba, no-Dedane. 33
Nonyana baka-Midiyane : ngu-Hefa, no-
Heferi, no-Hanoki, no-Abida, no-Ledaha.
Bonke aba bangonyana baka-Ketura.
34 Waye u-Abrahame wazala u-Yisake.
Onyana baka-Yisake : ngu-Esau, no-Sira-
yeli.
35 Onyana baka-Esau : ngu-Elifazi, no-
Rehule, no-Yehushe, no-Yalame, no-Kora.
36 Onyana baka-Elifazi : ngu-Temani, no-
Womare, no-Tsefi, no-Gatame, no-Kenazi,
no-Timna, no-Amaleki. 37 Onyana baka-
Rehule : ngu-Nahate, no-Zera, no-Shama,
no-Miza. 38 Nonyana baka-Sehire : ngu-
Lotane, no-Shobali, no-Tsibone, no-Hana,
no-Dishone, no-Etsere, no-Dishane. 39 No-
nyana baka-Lotane : ngu-Hori, no-Homa-
me ; nodade ka-Lotane wayengu-Timna.
40 Onyana baka-Shobali : ngu-Aliyane, no-
Manahate, no-Hebali, no-Shefi, no-Oname.
Nonyana baka-Tsibone : ngu-Aya, no-Hana.
41 Onyana baka-Hana : ngu-Dishone. No-
nyana baka-Dishone : ngu-Hamerane, no-
Shebane, no-Yiterane, no-Kerane. 42 O-
nyana baka-Etsere : ngu-Bilehane, no-Za-
vane, no-Yahakane. Onyana baka-Dishane :
ngu-Hutse, no-Arane.
43 Naba bangokumkani abapata ubukosi
elizweni le-Edome, kungekabiko ukumkani
opata ubukosi pezu kwosapo luka-Sirayeli :
u-Bela, unyana ka-Behori ; negama lesi-
xeko sake laliyi-Dinaba. 44 Wada wafa
u-Bela, waza waba ngukumkani esiku-
ndhleni sake u-Jobabe, unyana ka-Zera,
owase-Botsera. 45 Wafa u-Jobabe, waza



University of Fort Hare

waba ngukumkani esikundhleni sake u-
Hushame, owasezweni lama-Temani. 46
Wafa u-Hushame, waza waba ngukumkani
esikundhleni sake u-Hadade, unyana ka-
Bedade, owabeta ama-Midiyane ezindhleni
zase-Mowabi ; negama lesixeko sake laliyi-
Haviti. 47 Wafa u-Hadade, waza waba
ngukumkani esikundhleni sake u-Samla,
owase-Masereka. 48 Wafa u-Samla, waza
waba ngukumkani esikundhleni sake u-
Saule, owase-Rehobote ngasemlanjeni. 49
Wafa u-Saule, waza waba ngukumkani
esikundhleni sake u-Balihanane, unyana
ka-Kabore. 50 Wafa u-Balihanane, waza
waba ngukumkani esikundhleni sake u-
Hadade ; negama lesixeko sake laliyi-
Pahi ; negama lomfazi wake lalingu-Mehe-
tabele, intombi ka-Materede, intombi ka-
Mezahabi. 51 Wafa u-Hadade ; zaza
zabako inkosana zama-Edome : inkosana e-
ngu-Timna, inkosana engu-Aliya, inkosana
engu-Yetete, 52 inkosana engu-Holibama,
inkosana engu-Ela, inkosana engu-Pinone,
53 inkosana engu-Kenazi, inkosana engu-
Temani, inkosana engu-Mibitsare, 54 inko-
sana engu-Magidele, inkosana engu-Hira-
me : aba bazinkosana zama-Edome.

2 Aba bangonyana baka-Sirayeli : u-Ru-
bene, u-Simone, u-Levi, no-Juda, u-
Yisakare, no-Zebulone, 2 u-Dane, u-Josefe,
no - Benjamine, u - Nefatali, u - Gadi, no-
Ashere.

3 ONYANA baka-Juda : ngu-Here, no-
Onane, no-Shela : *aba* batatu bamzalelwa
yintombi ka-Shuha, um-Kananekazi. Ke-
kaloku u-Here, owamazibulo ka-Juda, ebe-
kohlakele emehlweni KAYEHOVA ; waza
wambubisa. 4 Wati no-Tamare, umolo-
kazana wake, wamzalela u-Faretse no-
Zera. Bonke onyana baka-Juda bangaba-
hlanu.

5 Onyana baka-Faretse : ngu-Hetserone,
no-Hamule. 6 Nonyana baka-Zera : ngu-
Zimri, no-Etane, no-Hemani, no-Kalikoli,
no-Dara : aba bonke bangabahlanu. 7 No-
nyana baka-Kami : ngu-Hakare, umkatazi
wo-Sirayeli, owenza ngobumenemene ngen-
to ebilahlelwe ekutshatyalalisweni. 8 No-
nyana baka-Etane : ngu-Hazariya. 9 No-
nyana baka - Hetserone, ababemzalelwe ;
ngu-Jeramele, no-Rame, no-Kelubai.

10 Wati u-Rame wazala u-Haminadabi ;
no-Haminadabi wazala u-Nahashone, inko-
si yosapo luka - Juda ; 11 no - Nahashone
wazala u-Salimone ; no-Salimone wazala
u-Bohazi ; 12 no-Bohazi wazala u-Obedi ;
no-Obedi wazala u-Jese ; 13 no-Jese wazala
u-Eliyabe owamazibulo wake, no-Abinada-
bi owesibini, no-Shima owesitatu, 14 no-
Netaneli owesine, no-Radai owesihlanu,
15 no - Otseme owesitandatu, no - Davide
owesixenxe. 16 Odade babo bebengu-
Tseruya no-Abigali : onyana baka-Tseruya
bebengu-Abishai, no-Jowabi, no-Hasaheli,
abatatu : 17 wati u-Abigali wazala u-Ha-
masa ; noyise ka-Hamasa ebengu-Yetere,
um-Shimayeli.

18 Kekaloku u-Kalebi, unyana ka-He-
tserone, wazala abantwana ngo - Hazuba
umfazi *wake*, nango - Yeriyote : ngaba
onyana bake ; u-Yeshere, no-Shobabe,
no-Radone. 19 Wafa u-Hazuba, waza u-
Kalebi wazizekela u-Eferata, owamzalela
u-Hure. 20 Wati u-Hure wazala u-Uri,
no-Uri wazala u - Betsalele. 21 Emveni
kwoko wangena u - Hetserone kwintombi
ka-Makire uyise ka-Gileyadi, owayizekayo
akuba yiminyaka imashumi matandatu u-
budala bake ; yati yona yamzalela u-Segu-
be. 22 Waza u-Segube wazala u-Yahire,
obenezixeko zimashumi mabini anesitatu
elizweni le-Gileyadi. 23 Wati yena wa-
susa i-Geshure ne-Arame, kunye nemizi
ka-Yahire, kwa kubo, kunye ne-Kenate
namagxamesi ayo, izixeko ezimashumi ma-
tandatu. Zonke ezi *zibe zizez*onyana baka-
Makire uyise ka-Gileyadi. 24 Nasemveni
kwokufa kuka-Hetserone e-Kalebi-eferata,
wati umfazi ka-Hetserone, u-Abiya, wamza-
lela no-Ashure uyise we-Tekoha.

25 Onyana baka-Jeramele, owamazibulo
ka - Hetserone, bebe*ngaba* : u-Rame owa-
mazibulo, no-Buna, no-Orene, no-Otseme,
*no*-Ahiya. 26 Wayenomnye umfazi u-Je-
ramele, ogama lingu-Hatara ; ebengunina
ka-Oname yena. 27 Nonyana baka-Rame
owamazibulo ka - Jeramele, bebengu - Ma-
hatse, no-Yamine, no-Hekere. 28 Nonyana
baka - Oname bebengu-Shamai no - Yada :
nonyana baka-Shamai ; ngu-Nadabi, no-
Abishure. 29 Laye igama lomfazi ka-
Abishure lingu-Abihayili, owamzalelayo
u-Habane no-Molidi. 30 Nonyana baka-
Nadabi ; ngu-Selede, no-Payime ; kodwa
u-Selede wafa engenabantwana. 31 No-
nyana baka-Payime ; ngu-Yishi : nonyana
baka-Yishi ; ngu-Sheshane : nabantwana
baka-Sheshane ; ngu-Halai. 32 Nonyana
baka-Yada umninawe ka-Shamai ; ngu-Ye-



University of Fort Hare
Together in Excellence

tere, no-Jonatane: wafa kodwa u-Yetere engenabantwana. 33 Nonyana baka-Jonatane; ngu-Pelete, no-Zaza. Aba bebengonyana baka-Jeramele.

34 Kekaloku u-Sheshane ebengenonyana, wanentombi kupela. Wayenaso isicaka u-Sheshane lowo, esingum-Jipete, esigama lingu-Yareha. 35 Waza u-Sheshane wayinika intombi yake ku-Yareha isicaka sake ibe ngumfazi; yati yona yamzalela u-Hatai. 36 Waza u-Hatai wazala u-Natane, no-Natane wazala u-Zabadi, 37 no-Zabadi wazala u-Felali, no-Felali wazala u-Obedi, 38 no-Obedi wazala u-Jehu, no-Jehu wazala u-Hazariya, 39 no-Hazariya wazala u-Heletse, no-Heletse wazala u-Elehasa, 40 no-Elehasa wazala u-Sisemai, no-Sisemai wazala u-Shalume, 41 no-Shalume wazala u-Yekamiya, no-Yekamiya wazala u-Elishama.

42 Nonyana baka-Kalebi umninawe ka-Jeramele: ngu-Mesha owamazibulo wake, (lo unguyise ka-Zifi,) nonyana baka-Maresha uyise ka-Hebrone. 43 Nonyana baka-Hebrone; ngu-Kora, no-Tapuha, no-Rekeme, no-Shema. 44 Wati u-Shema wazala u-Rahame uyise we-Yorekame; no-Rekeme wazala u-Shamai. 45 Nonyana ka-Shamai ebengu-Mahone; waye u-Mahone ebenguyise we-Bete-tsure. 46 No-Hefa, ishweshwe lika-Kalebi, wazala u-Harane, no-Motsa, no-Gazezi; waye u-Harane wazala u-Gazezi. 47 Nonyana baka-Yadai; ngu-Regeme, no-Yotame, no-Geshame, no-Pelete, no-Hefa, no-Shahafi. 48 Lati ishweshwe lika-Kalebi, u-Mahaka, lazala u-Shebere, no-Tirana. 49 Lazala no-Shahafi uyise we-Mademane, *n*o-Sheva uyise we-Makebena, noyise we-Gibeya: nentombi ka-Kalebi yona ibingu-Hakesa.

50 Aba bebengonyana baka-Kalebi unyana ka-Hure, owamazibulo ka-Eferata: u-Shobali uyise we-Kiriyate-yarime, 51 u-Salema uyise we-Beteleheme, u-Harefe uyise we-Bete-gadere. 52 Wayenonyana u-Shobali uyise waba-Kiriyate-yarime; ngu-Harowe, *n*o-Hatsi-hamenuhote. 53 Nezizalwane zaba-Kiriyate-yarime; ngama-Yitera, nama-Puha, nama-Shuma, nama-Mishera; kuwo la kwavela ama-Tsoreha, nama-Shetawoli. 54 Onyana baka-Salema; ngaba-Beteleheme, naba-Netofati, *n*aba-Hatarote-bete-jowabi, naba-Hatsi-hamenuhote, *n*ama-Tsoreha. 55 Nezizalwane zaba-bali abemayo e-Yabetse; ngama-Tireha, *n*ama-Shimeha, nama-Suka: ngama-Keni la abevele ku-Hammate uyise wendhlu ka-Rekabe.

3 ABA bangonyana baka-Davide, ababemzalelwa e-Hebrone: owamazibulo ngu-Amnone, ngo-Ahinohame um-Yezerelekazi; owesibini ngu-Danyeli, ngo-Abigali um-Karamelekazi; 2 owesitatu ngu-Abasalome, unyana ka-Mahaka intombi ka-Talemai ukumkani we-Geshure; owesine ngu-Adonija, unyana ka-Hagiti; 3 owesihlanu ngu-Shefatiya, ngo-Abitale; owesitandatu ngu-Yiterame, ngo-Hegela umfazi wake. 4 *Aba* batandatu bebemzalelwe e-Hebrone: wapata ubukumkani kona iminyaka isixenxe nennyanga zintandatu; wapata ubukumkani iminyaka imashumi matatu anamitatu nase-Yerusaleme. 5 Aba babemzalelwa e-Yerusaleme; u-Shimeha, no-Shobabe, no-Natane, no-Solomone, abane, ngo-Bateshuha intombi ka-Hamiyeli; 6 kwa no-Yibare, no-Elishama, no-Elifelete, 7 no-Noga, no-Nefege, no-Yafiya, 8 no-Elishama, no-Eliyada, no-Elifelete, abalitoba. 9 *Aba* bonke bangonyana baka-Davide, ngapandhle kwabo onyana bamashweshwe, no-Tamare udade wabo.

10 Unyana ka-Solomone ngu-Rehobome; unyana wake ngu-Abiya; unyana wake ngu-Asa; unyana wake ngu-Yehoshafate; 11 unyana wake ngu-Yorame; unyana wake ngu-Ahaziya; unyana wake ngu-Yohashe; 12 unyana wake ngu-Amatsiya; unyana wake ngu-Hazariya; unyana wake ngu-Yotame; 13 unyana wake ngu-Ahazi; unyana wake ngu-Hezekiya; unyana wake ngu-Manase; 14 unyana wake ngu-Amoni; unyana wake ngu-Josiya.

15 Nonyana baka-Josiya: owamazibulo ngu-Johanane; owesibini ngu-Yoyakime; owesitatu ngu-Zedekiya; owesine ngu-Shalume.

16 Nonyana baka-Yoyakime; ngu-Yekoniya unyana wake, *n*o-Zedekiya unyana wake.

17 Nonyana baka-Yekoniya; ngu-Asire, *n*o-Shalatiyeli unyana wake, 18 no-Malekirame, no-Pedaya, no-Shenatsare, *n*o-Yekamiya, *n*o-Hoshama, no-Nedabiya.

19 Nonyana baka-Pedaya; ngu-Zerubabeli, no-Shimehi: nonyana baka-Zerubabeli; ngu-Meshulame, no-Hananiya: no-Shelomiti ebengudade wabo: 20 no-



University of Fort Hare

Hashuba, no-Wohele, no-Berekiya, no-
Hasadiya, *no*-Yushabi-hesede, abahlanu.
21 Nonyana baka-Hananiya; ngu-Pela-
tiya, no-Yesaya: onyana baka-Refaya, o-
nyana baka-Ranane, onyana baka-Hoba-
diya, onyana baka-Shekaniya.
22 Nonyana baka-Shekaniya; ngu-She-
maya: nonyana baka-Shemaya; ngu-Hatu-
she, no-Yigali, no-Bariha, no-Nehariya, no-
Shafate, abatandatu.
23 Nonyana baka-Nehariya; ngu-Eliwe-
nai, no-Hezekiya, no-Hazerikame, abatatu.
24 Nonyana baka-Eliwenai; ngu-Hoda-
viya, no-Eliyashibe, no-Pelaya, no-Hakube,
no-Johanane, no-Delaya, no-Anani, abasi-
xenxe.

4 ONYANA baka-Juda: ngu-Faretse,
*no*-Hetserone, no-Kami, no-Hure, no-
Shobali. 2 Waza u-Raya, unyana ka-
Shobali, wazala u-Yahati; wati u-Yahati
wazala u-Ahumai, no-Lahadi. Ezi ziziza-
lwane zama-Tsoreha. 3 Aba ke *bavela*
kuyise we-Hetame; u-Yezerele, no-Yi-
shema, no-Dibashe: laye igama lodade
wabo lingu-Hatseleliponi: 4 no-Penuweli,
uyise ka-Gedore; no-Hezere, uyise ka-
Husha: aba bangonyana baka-Hure, owa-
mazibulo ka-Eferata, uyise we-Beteleheme.
5 Waye u-Ashure, uyise we-Tekoha,
ebenabafazi babini; ngu-Hela no-Nahara.
6 Wati u-Nahara wamzalela u-Ahuzame,
no-Hefere, no-Temeni, no-Hahashatari:
aba bangonyana baka-Nahara. 7 Nonyana
baka-Hela; ngu-Tserete, *no*-Yetsohare,
no-Etenane. 8 Waye u-Kotse wazala u-
Hanube, no-Tsobeba, nezizalwane zika-
Harahele unyana ka-Harume.
9 Kekaloku u-Yabetse ebebekekile nga-
pezu kwabazalwana bake: wati unina
wambiza ngegama elingu-Yabetse,* esiti:
Ngokuba ndimzele ngobuhlungu. 10 Waza
wabiza u-Yabetse KUTIXO wo-Sirayeli, esi-
ti: Wanga ungakolisa ukunditamsanqela,
uwandise umda wami, siti isandhla sako
sibe kunye nami, uze u*ndi*nqande ebubini,
ukuze bungandenzi 'buhlungu! Wati U-
TIXO wamamkelisa oko wakucelayo.
11 Waye u-Kelube, umninawe ka-
Shuha, wazala u-Mehire; lo unguyise ka-
Shetone. 12 Wati u-Shetone wazala u-
Bete-rafa, no-Paseha, no-Tehina uyise we-
Hire-nahashe; aba bangamadoda ase-Reka.
13 Nonyana baka-Kenazi; ngu-Hotineli,
no-Seraya: nonyana baka-Hotineli; ngu-
Hatati. 14 Waye u-Mehonotai wazala u-
Hofera: no-Seraya wazala u-Jowabi, uyise
*waba*semhlanjeni wenncibi; ngokuba bona
bebezinncibi. 15 Nonyana baka-Kalebi
unyana ka-Jefune; ngu-Hiru, *no*-Ela, no-
Nahame: nonyana baka-Ela; ngu-Kenazi.
16 Nonyana baka-Yehaleleli; ngu-Zifi,
no-Zifa, *no*-Tiriya, no-Asarele. 17 No-
nyana baka-Ezera; ngu-Yetere, no-Meredi,
no-Heferi, no-Yalone. Waye *u-Bitiya* wa-
zala u-Miriyame, no-Shamai, no-Yisheba
uyise we-Shetemoha: 18 wati nomfazi
wake ongum-Judakazi wazala u-Yeredi
uyise we-Gedore, no-Kebere uyise we-So-
ko, no-Yekutile uyise we-Zanoha: aba ke
bangonyana baka-Bitiya intombi ka-Faro,
owazekwayo ngu-Meredi. 19 Nonyana
bomfazi ongu-Hodiya udade ka-Nahame;
nguyise ka-Kehila um-Garemi, no-Shete-
moha um-Mahaka. 20 Nonyana baka-Shi-
mone; ngu-Amnone, no-Rinai, *no*-Bene-
hanane, no-Tilone. Nonyana baka-Yishi;
ngu-Zohete, no-Bene-zohete.
21 Onyana baka-Shela unyana ka-Juda:
ngu-Here uyise we-Leka, no-Lahada uyise
we-Maresha, nezizalwane zendhlu yabase-
benzayo ngeqiya eshiceneyo, abendhlu ka-
Shabeha, 22 no-Yokime, namadoda ase-
Kozeba, no-Yohashe, no-Sarafi, ababenobu-
kosi e-Mowabi, no-Yashubi-leheme: kodwa
zezakudala izinto *ezi*. 23 Aba bangaba-
bumbi, nabahlalayo pakati kwezityalwa
nendonga: bahlala kona kunye nokumkani
ngennxa yomsebenzi wake.

24 ONYANA baka-Simone: ngu-Nemu-
weli, no-Yamine, no-Yaribe, *no*-Zera, *no*-
Saule: 25 u-Shalume ngunyana wake; u-
Mibisame ngunyana wake; u-Mishema
ngunyana wake. 26 Nonyana baka-Mi-
shema: u-Hamuweli ngunyana wake; u-
Zakure ngunyana wake; u-Shimehi ngu-
nyana wake. 27 Kekaloku u-Shimehi
wabenonyana abalishumi linesitandatu,
nentombi ezintandatu; kodwa abaninawe
bake bebengenabantwana abaninzi; ka-
njalo sonke isizalwane sakowabo besinge-
nakwanda njengokwosapo luka-Juda. 28
Bahlala e-Beresheba, nase-Molada, nase-
Hatsare-shuhali, 29 nase-Bileha, nase-He-
tseme, nase-Toladi, 30 nase-Betuweli, nase-
Horema, nase-Tsikilage, 31 nase-Bete-
marakaboti, nase-Hatsare-susime, nase-

* *Oko kukuti:* Ubuhlungu.



University of Fort Hare
Together in Excellence

Bete-biri, nase-Sharayime: ezi bezizizixeko
zabo kwada kwaba ngukumkani u-Davide.
32 Imizi yabo ibiyi-Hetame, ne-Hayine,
ne-Rimone, ne-Tokene, ne-Hashane, izixe-
ko ezihlanu; 33 nayo yonke imizi yabo
ebingqonga izixeko ezo kwada kwase-Bali.
Ezi zindawo zabo zokuhlala, nokubàlelwa
kwabo ngokuzalwa. 34 No-Meshobabe, no-
Yamleki, no-Yoshai unyana ka-Amatsiya,
35 no-Joweli, no-Jehu, unyana ka-Yoshi-
biya, unyana ka-Seraya, unyana ka-Hasi-
yeli, 36 no-Eliwenai, no-Yahakoba, no-
Yeshohaya, no-Hasaya, no-Hadiyeli, no-
Yesimile, no-Benaya, 37 no-Ziza, unyana
ka-Shifi, unyana ka-Alone, unyana ka-Ye-
daya, unyana ka-Shimri, unyana ka-She-
maya: 38 aba ababaliweyo ngamagama
bebezinkosi ezizalwaneni zabo; kanjalo
indhlu yoyise yabo yanda kakulu.

39 Bahamba baya ngasekungenweni
kwe-Gedore, ngasempumalanga yesihla-
mbo, ukuba bafunele izimvu zabo idhlelo.
40 Bafumana idhlelo elityebileyo elihle,
nelizwe elibanzi, elonwabileyo, elixolileyo:
ngokuba abaka-Hame bebemi kona ngapa-
mbili. 41 Baye besiza aba ababàliweyo
ngamagama emihleni ka-Hezekiya uku-
mkani wo-Juda, bacita intente zabo, nama-
Mahone abefunyanwa kona, babalahlela
ekutshatyalalisweni kwada kwanamhla
nje, bahlala ezikundhleni zabo; ngokuba
idhlelo elilungele izimvu zabo beliko kona.
42 Kwapuma kubo, kwa kubo abalusapo
luka-Simone, ukuya entabeni ye-Sehire,
amadoda amakulu mahlanu: u-Pelatiya,
no-Nehariya, no-Refaya, no-Huziyeli, o-
nyana baka-Yishi, bebezinkloko zawo. 43
Aza abeta isisalela sabasindileyo pakati
kwama-Amaleki, ahlala kona kwada kwa-
namhla nje.

5 KEKALOKU onyana baka-Rubene owa-
mazibulo ka-Sirayeli: (ngokuba nguye
obengowamazibulo; kodwa, ngokokuba
wancolisa isilili soyise, kwanikwa ubuzi-
bulo bake konyana baka-Josefe unyana ka-
Sirayeli; koko bekungabàlelwa njengobu-
zibulo; 2 ngokuba u-Juda ebenguye om-
kulu pakati kwabazalwana bake, nokuvela
kuye inkosi; kodwa ubuzibulo bebubo-
buka-Josefe:) 3 onyana baka-Rubene o-
wamazibulo ka-Sirayeli: ngu-Hanoki, no-
Palu, no-Hetserone, no-Kami. 4 Onyana
baka-Joweli: u-Shemaya ngunyana wake;
u-Goge ngunyana wake; u-Shimehi ngu-
nyana wake; 5 u-Mika ngunyana wake;
u-Raya ngunyana wake; u-Bali ngunyana
wake; 6 u-Bera ngunyana wake, owati u-
Tiligate-pinesere ukumkani we-Asiriya
wamfudusa: nguye obeyinkosi yama-
Rubene.

7 Nabazalwana bake, ngezizalwane za-
bo, nxa kwabàlelwayo ngokuzalwa kwabo,
ngu-Yeyeli oyinkloko, no-Zekariya, 8 no-
Bela, unyana ka-Azazi, unyana ka-Shema,
unyana ka-Joweli, owahlala e-Harohere,
kwada kwase-Nebo ne-Bali-mehone: 9 na-
ngasempumalanga wahlala kwada kwase-
kungenweni kwenklango kuvela emlanjeni
wom-Ferate: ngokuba inkomo zabo beza-
ndisiwe ezweni le-Gileyadi. 10 Nasemi-
hleni ka-Saule babesenza imfazwe nama-
Hagare, awa wona ngesandhla sabo; baza
bahlala ezintenteni zawo kulo lonke icala
lasempumalanga le-Gileyadi.

11 Kekaloku onyana baka-Gadi bahlala
malungana nabo, elizweni le-Bashane,
kwada kwase-Saleka: 12 u-Joweli oyin-
kloko, no-Shafame owesibini, no-Yahanai,
no-Shafate, e-Bashane. 13 Nabazalwana
babo bendhlu yoyise yabo, ngu-Mikayeli,
no-Meshulame, no-Sheba, no-Yorai, no-
Yakane, no-Ziha, no-Hebere, abasixenxe.
14 Aba bangonyana baka-Abihayili,
unyana ka-Huri, unyana ka-Yaroha, unyana
ka-Gileyadi, unyana ka-Mikayeli, unyana
ka-Yeshishai, unyana ka-Yado, unyana ka-
Buze: 15 u-Ahi, unyana ka-Habideli, unya-
na ka-Guni, ebeyinkloko yendhlu yoyise
yabo. 16 Bahlala e-Gileyadi, e-Bashane,
nasemizini yayo, nakuzo zonke innqele
zase-Sharone, pezu kwemida yabo. 17 Bo-
nke aba babàlelwa ngokuzalwa kwabo
emihleni ka-Yotame ukumkani wo-Juda,
nasemihleni ka-Jorobome ukumkani wo-
Sirayeli.

18 Onyana baka-Rubene, nama-Gadi, ne-
siqingata sesizwe sika-Manase, kuwo ama-
doda oburoti, amadoda epete ikaka nesi-
rele, etyeda isipeta, eqelene nokulwa,
ngamawaka angamashumi mane anesine,
anamakulu asixenxe, anamashumi mata-
ndatu, abepuma nomkosi. 19 Basuka benza
imfazwe nama-Hagare, no-Jeture, no-Nafi-
she, no-Nodabi. 20 Baza bancedwa nga-
kubo, ada ama-Hagare anikelwa esandhleni
sabo, nabo bonke abebenawo: ngokuba
bakalayo KUTIXO ekulweni, waza wakunge-
leka kubo, ngenxa yokuba betembele
kuye. 21 Batimba nenkomo zabo; inka-



University of Fort Hare
Together in Excellence

mela zabo ezingamawaka amashumi ma-
hlanu, nezimvu ezingamawaka angama-
kulu mabini anamashumi mahlanu, nama-
qwarashe angamawaka mabini, neziqu
zabantu ezingamawaka alikulu. 22 Ngo-
kuba bebesiwa abaninzi abahlatyiweyo,
ivela KUTIXO nje imfazwe leyo. Baza ba-
hlala ezikundhleni zabo kwada kwabako
imfuduswa.

23 Kekaloku onyana besiqingata sesizwe
sika-Manase bahlala elizweni: banda kwa
se-Bashane kwada kwase-Bali-heremone,
nase-Senire, nasentabeni ye-Heremone.
24 Aba bebezinkloko zendhlu zoyise zabo:
u-Heferi, no-Yishi, no-Eliyeli, no-Zariyeli,
no-Jeremiya, no-Hodaviya, no-Yadiyeli,
amadoda angamaroti akalipileyo, amadoda
adumileyo, inkloko zendhlu zoyise zabo.

25 Kanti bagqita ngakuye UTIXO woyise
babo, barexezela emva kwotixo babantu
belozwe, owabete UTIXO wabatshabalalisa
kwa pambi kwabo. 26 Waza UTIXO wo-
Sirayeli wawuvusa ummoya ka-Pule uku-
mkani we-Asiriya, nommoya ka-Tiligate-
pinesere ukumkani we-Asiriya, owabafu-
dusayo, kwa ama-Rubene, nama-Gadi,
nesiqingata sesizwe sika-Manase, wabazisa
e-Halahi, nase-Habore, nase-Hara, nasem-
lanjeni we-Gozane, kwada kwanamhla nje.

6 ONYANA baka-Levi: ngu-Gereshone,
no-Kohati, no-Merari. 2 Nonyana baka-
Kohati: ngu-Hamerame, no-Yitsare, no-
Hebrone, no-Huziyeli. 3 Nabantwana
baka-Hamerame: ngu-Arone, no-Mosesi,
no-Miriyame. Nonyana baka-Arone: ngu-
Nadabi, no-Abihu, no-Elezari, no-Yitamare.
4 Wati u-Elezari wazala u-Finehasi; u-
Finehasi wazala u-Abishuha, 5 no-Abi-
shuha wazala u-Buki, no-Buki wazala u-
Huzi, 6 no-Huzi wazala u-Zerahiya, no-
Zerahiya wazala u-Merayoti; 7 u-Merayoti
wazala u-Amariya, no-Amariya wazala u-
Ahitube, 8 no-Ahitube wazala u-Tsadoki,
no-Tsadoki wazala u-Himahatse, 9 no-Hi-
mahatse wazala u-Hazariya, no-Hazariya
wazala u-Johanane, 10 no-Johanane wa-
zala u-Hazariya, (nguye lo owapata ubu-
perisite endhlwini abeyakile u-Solomone
e-Yerusaleme,) 11 no-Hazariya wazala u-
Amariya, no-Amariya wazala u-Ahitube,
12 no-Ahitube wazala u-Tsadoki, no-Tsa-
doki wazala u-Shalume, 13 no-Shalume
wazala u-Hilikiya, no-Hilikiya wazala u-
Hazariya, 14 no-Hazariya wazala u-Sera-
ya, no-Seraya wazala u-Yehotsadaki, 15
no-Yehotsadaki wemka *nabatinjwa*, xesho-
kweni UYEHOVA wafudusayo o-Juda ne-Ye-
rusaleme ngesandhla sika-Nebukanetsare.

16 Onyana baka-Levi: ngu-Gereshome,
no-Kohati, no-Merari. 17 Amagama o-
nyana baka-Gereshome ngala: ngu-Libeni,
no-Shimehi. 18 Nonyana baka-Kohati:
ngu-Hamerame, no-Yitsare, no-Hebrone,
no-Huziyeli. 19 Onyana baka-Merari:
ngu-Mahali, no-Mushi.

Ezi zizizalwane zaba-Levi, ngoyise
babo. 20 Esika-Gereshome: u-Libeni
ebengunyana wake; u-Yahati ebengunyana
wake; u-Zima ebengunyana wake; 21 u-
Jowahi ebengunyana wake; u-Hido ebe-
ngunyana wake; u-Zera ebengunyana wa-
ke; u-Yaterai ebengunyana wake. 22 O-
nyana baka-Kohati: u-Haminadabi ebe-
ngunyana wake; u-Kora ebengunyana
wake; u-Asire ebengunyana wake; 23 u-
Lekana ebengunyana wake; no-Abiyasafa
ebengunyana wake; no-Asire ebengunyana
wake; 24 u-Tahati ebengunyana wake;
u-Wuriyeli ebengunyana wake; u-Huziya
ebengunyana wake; no-Saule ebengunyana
wake. 25 Nonyana baka-Lekana: ngu-
Hamasai, no-Ahimote. 26 Kekaloku u-
Lekana: onyana baka-Lekana *bebengaba*:
u-Tsofai ebengunyana wake; no-Nahate
ebengunyana wake; 27 u-Eliyabe ebengu-
nyana wake; u-Yerohame ebengunyana
wake; u-Lekana ebengunyana wake. 28
Nonyana baka-Samyali: ngu-Vashini owa-
mazibulo, no-Abiya. 29 Onyana baka-
Merari: ngu-Mahali; u-Libeni ebengunyana
wake; u-Shimehi ebengunyana wake; u-
Huza ebengunyana wake; 30 u-Shimehi
ebengunyana wake; u-Hagiya ebengu-
nyana wake; u-Hasaya ebengunyana wake.

31 NGABA owati u-Davide wabamisa
pezu kwenkonzo yokucula endhlwini KA-
YEHOVA, emvenikweni ibinendawo yoku-
pumla ityeya. 32 Baye bekonza pambi
kwenklalo yayo intente yenklangano ngo-
kucula, wada u-Solomone wayaka indhlu
KAYEHOVA e-Yerusaleme: bandula bema
*kona* enkonzweni yabo njengesiko labo.

33 Aba bangabemayo *kona* nonyana
babo. Kubo onyana bama-Kohati: u-He-
mani umculi, unyana ka-Joweli, unyana
ka-Samyali, 34 unyana ka-Lekana, unyana
ka-Yerohame, unyana ka-Eliyeli, unyana
ka-Toha, 35 unyana ka-Tsufi, unyana ka-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Lekana, unyana ka-Mahate, unyana ka-
Hamasai, 36 unyana ka-Lekana, unyana
ka-Joweli, unyana ka-Hazariya, unyana ka-
Tsefaniya, 37 unyana ka-Tahati, unyana ka-
Asire, unyana ka-Abiyasafa, unyana ka-
Kora, 38 unyana ka-Yitsare, unyana ka-
Kohati, unyana ka-Levi, unyana ka-Sira-
yeli. 39 Nomzalwana wake u-Safa, owema
ngasekunene kwake : u-Safa, unyana ka-
Berakiya, unyana ka-Shimeha, 40 unyana
ka-Mikaheli, unyana ka-Bahaseya, unyana
ka-Malekiya, 41 unyana ka-Eteni, unyana
ka-Zera, unyana ka-Hadaya, 42 unyana
ka-Etane, unyana ka-Zima, unyana ka-
Shimehi, 43 unyana ka-Yahati, unyana ka-
Gereshome, unyana ka-Levi. 44 Naba-
zalwana babo, onyana baka-Merari, *abema*
ngasekohlo : u-Etane, unyana ka-Kishi,
unyana ka-Habedi, unyana ka-Maluke,
45 unyana ka-Hashabiya, unyana ka-
Amatsiya, unyana ka-Hilikiya, 46 unyana
ka-Ametsi, unyana ka-Bani, unyana ka-
Shemere, 47 unyana ka-Mahali, unyana ka-
Mushi, unyana ka-Merari, unyana ka-Levi.
48 Kanjalo abazalwana babo, aba-Levi,
bamiselwa yonke inkonzo yetabanakele
yendhlu KATIXO.

49 KEKALOKU u-Arone nonyana bake
baqumisa pezu kwesibingelo sedini loku-
tshiswa, napezu kwesibingelo sesiqumiso,
*bemis*elwe wonke umsebenzi *wendawo*
eyingcwele yezingcwele, nokwenzela o-
Sirayeli uxoliso, njengako konke abeyalele
ngako u-Mosesi isicaka SIKATIXO. 50 Aba
bangonyana baka-Arone : u-Elezari ebe-
ngunyana wake ; u-Finehasi ebengunyana
wake ; u-Abishuha ebengunyana wake ;
51 u-Buki ebengunyana wake ; u-Huzi ebe-
ngunyana wake ; u-Zerahiya ebengu-
nyana wake ; 52 u-Merayoti ebengunyana
wake ; u-Amariya ebengunyana wake ; u-
Ahitube ebengunyana wake ; 53 u-Tsadoki
ebengunyana wake ; u-Himahatse ebengu-
nyana wake.
54 Ezi ke zindawo zabo zokuhlala nge-
lali zabo, emideni yabo, ezonyana baka-
Arone, ezezizalwane zama-Kohati : ngo-
kuba iqashiso *lokuqala* belilelawo. 55
Kwaye kunikwa kuwo i-Hebrone, elizwe-
ni lakwa-Juda, nennqele zayo ezingqonga-
yo. 56 Kodwa kwanikwa izindhle zase-
sixekweni, nemizi yaso, ku-Kalebi unyana
ka-Jefune. 57 Kwaza kwanikwa onyana
baka-Arone izixeko zakwa-Juda ; i-Hebro-
ne, *isixeko* sokupepela, ne-Libena nennqele
zayo, ne-Yatire, ne-Shetemoha nennqele za-
yo, 58 ne-Hilene nennqele zayo, ne-Debire
nennqele zayo, 59 ne-Hashane, nennqele
zayo, ne-Bete-shemeshe nennqele zayo : 60
nakuso isizwe sika-Benjamine *kwacatshulwa*
i-Geba nennqele zayo, ne-Halemete nen-
nqele zayo, ne-Hanatote nennqele zayo.
Zonke izixeko zabo, ngezizalwane zabo, zi-
zixeko ezilishumi linazitatu. 61 Kodwa
onyana baka-Kohati, abo baseleyo kwisiza-
lwane sesosizwe, *kwacatshul*elwa bona esiqi-
ngateni sesizwe, kwa esiqingateni *sesizwe*
sika-Manase, ngeqashiso, izixeko ezilishumi.
62 Nonyana baka-Gereshome, ngeziza-
lwane zabo, *kwacatshul*elwa bona esizweni
sika-Yisakare, nasesizweni sika-Ashere,
nasesizweni sika-Nefatali, nasesizweni sika-
Manase e-Bashane, izixeko ezilishumi
linazitatu.
63 Onyana baka-Merari *kwacatshul*elwa
bona ngeqashiso, ngezizalwane zabo, esi-
zweni sika-Rubene, nasesizweni sika-
Gadi, nasesizweni sika-Zebulone, izixeko
ezilishumi linazibini.
64 Kwa njalo usapo luka-Sirayeli lwa-
banika aba-Levi izixeko ezo nennqele
zazo. 65 Lwabanika ngeqashiso, *zicatshulwe*
esizweni sosapo luka-Juda, nasesizweni so-
sapo luka-Simone, nasesizweni sosapo luka-
Benjamine, ezizixeko, ezona zibiziweyo
ngamagama.
66 N*abaseleyo* ezizalwaneni zonyana ba-
ka-Kohati, babenezixeko zasemideni yabo
*zicatshulwe* esizweni sika-Frayime. 67
Baye bebanika, *kuzo* izixeko zokupe-
pela, i-Shekeme nennqele zayo, entabeni
yakwa-Frayime ; ne-Gezere nennqele za-
yo, 68 ne-Yokemame nennqele zayo, ne-
Bete-horone nennqele zayo, 69 ne-Ajalone
nennqele zayo, ne-Gate-rimone nennqele
zayo : 70 *kwacatshulwa* nakuso isiqingata
sesizwe sika-Manase, i-Hanere nennqele
zayo, ne-Bilehame nennqele zayo, zibe
zezesizalwane sonyana baka-Kohati abase-
leyo.
71 Onyana baka-Gereshome *kwacatshul*e-
lwa bona esizalwaneni sesiqingata sesizwe
sika-Manase, i-Golane yase-Bashane nen-
nqele zayo, ne-Hashetarote nennqele za-
yo ; 72 nasesizweni sika-Yisakare, i-Kede-
she nennqele zayo, i-Daberate nennqele
zayo, 73 ne-Ramote nennqele zayo, ne-
Haneme nennqele zayo ; 74 nasesizweni
sika-Ashere, i-Mashali nennqele zayo, ne-



University of Fort Hare

Habedoni nennqele zayo, 75 ne-Hukoke
nennqele zayo, ne-Rehobi nennqele zayo;
76 nasesizweni sika-Nefatali, i-Kedeshe
yase-Galili nennqele zayo, ne-Hamone
nennqele zayo, ne-Kiriyatayime nennqele
zayo.

77 Nonyana baka-Merari abaseleyo *kwa-*
*catshul*elwa bona esizweni sika-Zebulone,
i-Rimone nennqele zayo, i-Tabore nen-
nqele zayo: 78 napesheya kwe-Yoredane
ngase-Jeriko, ngecala lasempumalanga le-
Yoredane, *kwacatshulwa* esizweni sika-
Rubene, i-Betsere yasenklango nennqele
zayo, ne-Yahetsa nennqele zayo, 79 ne-
Kedemote nennqele zayo, ne-Mefahate nen-
nqele zayo; 80 nasesizweni sika-Gadi, i-
Ramote yase-Gileyadi nennqele zayo, ne-
Mahanayime nennqele zayo, 81 ne-Heshe-
bone nennqele zayo, ne-Yahezere nennqele
zayo.

7 KEKALOKU onyana baka-Yisakare:
ngu-Tola, no-Puwa, *no*-Yashube, no-
Shimrone, abane. 2 Nonyana baka-Tola:
ngu-Huzi, no-Refaya, no-Jeriyeli, no-Ja-
mai, no-Yibesame, no-Shemuweli, inkloko
zendhlu yoyise yabo, zeka-Tola: bebenga-
maroti akalipileyo ezizukulwaneni zabo:
bebengamawaka angamashumi mabini
anesibini, anamakulu matandatu, inani
labo emihleni ka-Davide. 3 Nonyana
baka-Huzi; ngu-Yizeraya: nonyana baka-
Yizeraya; ngu-Mikaheli, no-Hobadiya, no-
Joweli, *no*-Yishiya, abahlanu, bezinkloko
bonke.

4 Kanjako kunye nabo, ngezizukulwa-
na zabo, ngendhlu zoyise zabo, bekuko
amabandhla omkosi wokulwa, *amadoda* a-
ngamawaka angamashumi matatu anesita-
ndatu: ngokuba bebenabo abafazi naba-
ntwana abaninzi. 5 Nabazalwana babo,
kuzo zonke izizalwane zika-Yisakare, ama-
roti akalipileyo, bebengamawaka angama-
shumi asibozo enesixenxe ukubàlelwa kwa-
bo bonke.

6 *Onyana* baka-Benjamine: ngu-Bela,
no-Bekere, no-Yedaheli, abatatu. 7 No-
nyana baka-Bela: ngu-Tseboni, no-Huzi,
no-Huziyeli, no-Jerimote, no-Hiri, aba-
hlanu, inkloko zendhlu zoyise, amaroti
akalipileyo; nokubàlelwa kwabo, bebe-
ngamawaka angamashumi mabini anesibi-
ni, anamashumi matatu anesine. 8 No-
nyana baka-Bekere: ngu-Zemira, no-Yo-
hashe, no-Eliyezeri, no-Eliwenai, no-Omri,
no-Jeremote, no-Abiya, no-Hanatote, no-
Halamete: bonke aba bebengonyana baka-
Bekere. 9 Nokubàlelwa kwabo, ngezi-
zukulwana zabo, inkloko zendhlu zoyise
zabo, amaroti akalipileyo, bebengamawaka
angamashumi mabini, anamakulu ekwa
mabini. 10 Nonyana baka-Yedaheli: ngu-
Bilehane; nonyana baka-Bilehane: ngu-
Yehushe, no-Benjamine, no-Ehudi, no-
Kenana, no-Zetane, no-Tareshishe, no-
Ahishahare: 11 bonke aba bebengonyana
baka-Yedaheli, inkloko *zendhlu* zoyise, ama-
roti akalipileyo, bengamawaka alishumi
linesixenxe, anamakulu mabini, abapuma
nomkosi ekulweni. 12 Kanjalo u-Shupi-
me no-Hupime, onyana baka-Hire; u-
Hushime, onyana baka-Ahere.

13 Onyana baka-Nefatali: ngu-Yatsi-
yeli, no-Guni, no-Yetsere, no-Shalume, o-
nyana baka-Bileha.

14 Onyana baka-Manase: ngu-Asiriyeli,
owati *umfazi* wamzala; (*kodwa* ishweshwe
lake, um-Siriyakazi, lamzala u-Makire u-
yise ka-Gileyadi; 15 no-Makire wamzeka
udade ka-Hupime no-Shupime abe ngum-
fazi, ogama lingu-Mahaka;) negama lo-
wesibini belingu-Tselofehadi: kekaloku
u-Tselofehadi ebenazo intombi. 16 Wati
u-Mahaka umfazi ka-Makire wazala unya-
na, wambiza ngegama elingu-Pereshe; ne-
gama lomninawe wake belingu-Shereshe;
nonyana bake bebengu-Wulame no-Rakeme.
17 Nonyana baka-Wulame: ngu-Bedane.
Aba ke bangonyana baka-Gileyadi, unyana
ka-Makire, unyana ka-Manase. 18 Nodade
wake, u-Hamolekete, wamzala u-Yisheho-
di, no-Abihezere, no-Mahala. 19 Kanjalo
onyana baka-Shemida bebe*ngaba*; u-Ahi-
yane, no-Shekeme, no-Likehi, no-Anihame.

20 Nonyana baka-Frayime: ngu-Shu-
tela, no-Beredi unyana wake, no-Tahate
unyana wake, no-Elehada unyana wake,
no-Tahate unyana wake, 21 no-Zabadi u-
nyana wake, no-Shutela unyana wake, no-
Hezere, no-Elehadi. Kekaloku amadoda
ase-Gate, abezelwe elizweni elo, ababu-
lala, ngokuba bebehlile ukuza kutimba
inkomo zawo. 22 Waza u-Frayime uyise
wabo walila imihla yamininzi; bati aba-
zalwana bake beza ukumkùza. 23 Wada
wangena kumfazi wake, nwakaulayo, wa-
zala unyana, waza wambiza ngegama e-
lingu-Beriha,* ngokuba ilishwa belihlile

* *Oko kukuti:* Ilishwa.



University of Fort Hare

indhlu yake. 24 (Kanjalo intombi yake
ibingu-Shera, owaka i-Bete-horone yase-
zantsi, neyasenkla, ne-Uzene-shera). 25
U-Refa ebengunyana wake; no-Reshefe;
no-Tela ebengunyana wake; no-Tahane ebe-
ngunyana wake; 26 u-Lahadane ebengu-
nyana wake; u-Hamihude ebengunyana
wake; u-Elishama ebengunyana wake; 27
u-Nune ebengunyana wake; u-Yoshuwa
ebengunyana wake.

28 Kekaloku imfuyo zabo nendawo zabo
zokuhlala *zizezi:* i-Betele namagxamesi
ayo; nangasempumalanga, i-Naharane; na-
ngasentshonalanga, i-Gezere namagxamesi
ayo; kwa ne-Shekeme namagxamesi ayo,
kwada kwase-Gaza namagxamesi ayo; 29
nangasemideni yosapo luka-Manase, i-Bete-
shane namagxamesi ayo; i-Tahanaki na-
magxamesi ayo; i-Megido namagxamesi
ayo; i-Dore namagxamesi ayo. Kuzo ezi-
*ndawo* lwahlala usapo luka-Josefe unyana
ka-Sirayeli.

30 Onyana baka-Ashere: ngu-Yimna,
no-Yisheva, no-Yishevi, no-Beriha, no-Sera
udade wabo. 31 Nonyana baka-Beriha:
ngu-Kebere, no-Makiyeli, onguye uyise
ka-Birezaviti. 32 Waye u-Kebere wazala
u-Yafelete, no-Shomere, no-Hotame, no-
Shuha udade wabo. 33 Nonyana baka-
Yafelete: ngu-Pasaki, no-Bimehali, no-
Hashevate: aba bangonyana baka-Yafe-
lete. 34 Nonyana baka-Shemere: ngu-
Ahi, no-Roga, *no*-Yehuba, no-Arame. 35
Nonyana baka-Heleme umninawe wake:
ngu-Tsofa, no-Yimna, no-Sheleshe, no-Ha-
mali. 36 Onyana baka-Tsofa: ngu-Suha,
no-Hanafere, no-Shuhali, no-Beri, no-
Yimra, 37 no-Betsere, no-Hodi, no-Shama,
no-Shilisha, no-Yiterane, no-Bera. 38 No-
nyana baka-Yetere: ngu-Jefune, no-Pise-
pa, no-Ara. 39 Nonyana baka-Hula: ngu-
Arahi, no-Haniyeli, no-Retsiya. 40 Bonke
aba bebengonyana baka-Ashere, inkloko
zendhlu zoyise, abaketiweyo, amaroti
akalipileyo, inkosi ezinkulu: nokubàle-
lwa kwabo bapumayo 'nomkosi ekulweni,
bebengamadoda angamawaka amashumi
mabini anesitandatu inani labo.

8 KEKALOKU u-Benjamine wazala u-
Bela owamazibulo wake, u-Ashebele
owesibini, no-Ahara owesitatu, 2 u-Noha
owesine, no-Rafa owesihlanu. 3 Nonyana
baka-Bela beb*engaba:* u-Adari, no-Gera,
no-Abihude, 4 no-Abishuha, no-Nahamane,
no-Ahoha, 5 no-Gera, no-Shefufane, no-
Hurame. 6 Naba bangonyana baka-Ehudi:
aba bazinkloko *zendhlu* zoyise zabemi base-
Geba, ababefuduselwa e-Manahate: 7 kwa
u-Nahamane, no-Ahiya, no-Gera, wabafu-
dusa yena; waza wazala u-Huza, no-Ahi-
hude. 8 Kanjalo u-Shaharayime wazala
*abantwana* elizweni le-Mowabi, emveni-
kweni abebandulule, ngo-Hushime no-Ba-
hara abafazi bake. 9 Wayezala ngo-Hode-
she umfazi wake, u-Jobabe, no-Tsibiya, no-
Mesha, no-Malekame, 10 no-Yehutse, no-
Shakiya, no-Mirema: aba bebengonyana
bake, inkloko *zendhlu* zoyise. 11 Nango-
Hushime wazala u-Abitube, no-Lepali.
12 Onyana baka-Lepali: ngu-Hebere, no-
Mishame, no-Shamedi, owakayo i-Ono, ne-
Lodi namagxamesi ayo; 13 kwa no-Beriha,
no-Shema, abebezinkloko *zendhlu* zoyise za-
bemi base-Ajalone, abagxotayo abemi base-
Gate. 14 Kanjako u-Ahiyo, u-Shashaki,
no-Jeremote, 15 no-Zebadiya, no-Haradi,
no-Hadere, 16 no-Mikaheli, no-Yisepa, no-
Yoha, bebengonyana baka-Beriha: 17 u-
Zebadiya, no-Meshulame, no-Hezeki, no-
Kebere, 18 no-Shimerai, no-Yezeliya, no-
Jobabe, bebengonyana baka-Lepali: 19 u-
Yakime, no-Zikeri, no-Zabedi, 20 no-Eli-
henai, no-Tsiletai, no-Eliyeli, 21 no-Hada-
ya, no-Beraya, no-Shimrate, bebengonyana
baka-Shimehi: 22 u-Shipane, no-Hebere,
no-Eliyeli, 23 no-Habedoni, no-Zikeri, no-
Hanane, 24 no-Hananiya, no-Helami, no-
Hanatotiya, 25 no-Fideya, no-Penuweli,
bebengonyana baka-Shashaki: 26 u-
Shamsherai, no-Shehariya, no-Hataliya,
27 no-Yareshiya, no-Eliya, no-Zikeri, be-
bengonyana baka-Yerohame. 28 Aba
bebezinkloko *zendhlu* zoyise, ngezizuku-
lwana zabo, inkosi. Aba bahlala e-Yeru-
saleme.

29 Nase-Gibeyone wahlala uyise we-
Gibeyone: igama lomfazi wake lalingu-Ma-
haka: 30 nonyana wake wamazibulo, ngu-
Habedoni; *nabanye,* ngu-Tsure, no-Kishe,
no-Bali, no-Nadabi, 31 no-Gedore, no-Ahi-
yo, no-Zakere. 32 Waye u-Mikelote wa-
zala u-Shimeha. Bati ke naba bahlala na-
bazalwana babo e-Yerusaleme, malungana
nabazalwana babo. 33 Kekaloku u-Nere
wazala u-Kishe; no-Kishe wazala u-Saule;
no-Saule wazala u-Jonatane, no-Maleki-
shuha, no-Abinadabi, no-Shebali. 34 No-
nyana ka-Jonatane ebengu-Meribi-bali;
waza u-Meribi-bali wazala u-Mika: 35 no-



University of Fort Hare

nyana baka-Mika *bebengaba:* u-Pitone, no-
Meleke, no-Tareha, no-Ahazi. 36 Waye
u-Ahazi wazala u-Yohada; no-Yohada wa-
zala u-Halemete, no-Hazamaveti, no-Zimri;
wati u-Zimri wazala u-Motsa; 37 no-Motsa
wazala u-Bineha; u-Rafa ebengunyana wa-
ke; u-Elehasa ebengunyana wake; u-Atsele
ebengunyana wake. 38 Kekaloku u-Atsele
ebenonyana batandatu, abamagama angala:
u-Zarikame, u-Bokeru, no-Shimayeli, no-
Shehariya, no-Hobadiya, no-Hanane: bo-
nke aba bangonyana baka-Atsele. 39 No-
nyana baka-Hesheki umninawe wake, ngu-
Wulame owamazibulo wake, no-Yehushe
owesibini, no-Elifelete owesitatu. 40
Baye onyana baka-Wulame bebengama-
doda angamaroti akalipileyo, abatyeda
isipeta; bebenabo onyana abaninzi, no-
nyana bonyana, ikulu linamashumi ma-
hlanu. Bonke aba bangabonyana baka-
Benjamine.

9 Kwa njalo o-Sirayeli bonke babàlelwa
ngokuzalwa; bona ke, babàlwa encwa-
dini yokumkani bo-Sirayeli no-Juda, aba-
befuduselwa e-Babilone ngenxa yokugqi-
ta kwabo.

2 KEKALOKU abemi bokuqala, abo
*bezayo* ezimfuyweni zabo, ezixekweni zako-
wabo, bebengaba-Sirayeli, abaperisite, aba-
Levi, naba-Netini. 3 Nase-Yerusaleme
bahlala abosapo luka-Juda, nabosapo luka-
Benjamine, nabosapo luka-Frayime no-
Manase.
4 Ngu-Hutai, unyana ka-Hamihude, u-
nyana ka-Omri, unyana ka-Yimri, unyana
ka-Bani, kulo usapo luka-Faretse unyana
ka-Juda. 5 Nakuwo ama-Shilo: ngu-
Hasaya owamazibulo, nonyana bake. 6 Na-
konyana baka-Zera: ngu-Yeyuli, nabaza-
lwana babo, amakulu matandatu anama-
shumi asitoba.
7 Nakubo onyana baka-Benjamine: ngu-
Salu, unyana ka-Meshulame, unyana ka-
Hodaviya, unyana ka-Hasenuwa; 8 no-
Bineya, unyana ka-Yerohame; no-Ela, u-
nyana ka-Huzi, unyana ka-Mikeri; no-
Meshulame, unyana ka-Shefatiya, unyana
ka-Rehule, unyana ka-Biniya; 9 naba-
zalwana babo, ngezizukulwana zabo,
amakulu alitoba anamashumi mahlanu
anesitandatu. Lamadoda onke ebezin-
kloko *zendhlu* zoyise kwindhlu zoyise
zawo.
10 Nakubo abaperisite: ngu-Yedaya, no-
Yoyaribe, no-Yakine, 11 no-Hazariya, u-
nyana ka-Hilikiya, unyana ka-Meshulame,
unyana ka-Tsadoki, unyana ka-Merayoti
unyana ka-Ahitube, umpati wendhlu KA-
TIXO; 12 no-Hadaya, unyana ka-Yeroha-
me, unyana ka-Pashure, unyana ka-Male-
kiya; no-Mahasai, unyana ka-Hadiyeli,
unyana ka-Yazera, unyana ka-Meshulame,
unyana ka-Meshilemiti, unyana ka-Yime-
ri; 13 nabazalwana babo, inkloko zen-
dhlu zoyise zabo, iwaka linye elinama-
kulu asixenxe anamashumi matandatu; a-
madoda akalipileyo emsebenzini wenkonzo
yayo indhlu KATIXO.
14 Nakubo aba-Levi: ngu-Shemaya,
unyana ka-Hashube, unyana ka-Zarikame,
unyana ka-Hashabiya, kubo onyana baka-
Merari; 15 no-Bakebakari, *no*-Hereshe, no-
Galali, no-Mataniya, unyana ka-Mika, u-
nyana ka-Zikeri, unyana ka-Safa; 16 no-
Hobadiya, unyana ka-Shemaya, unyana
ka-Galali, unyana ka-Jedutune; no-Bere-
kiya, unyana ka-Asa, unyana ka-Lekana,
owahlala emizini yama-Netofati. 17 Na-
balindimnyango; ngu-Shalume, no-Ha-
kube, no-Talimone, no-Ahimane, nabaza-
lwana babo: u-Shalume ebenguye omkulu.
18 Kwada kwakaloku, esangweni loku-
mkani ngasempumalanga, aba bebengaba-
lindimnyango emikosini yosapo luka-Levi.
19 Kanjalo u-Shalume, unyana ka-Kore,
unyana ka-Abiyasafa, unyana ka-Kora, na-
bazalwana bake bendhlu kayise, ama-Kora,
bebepezu kwomsebenzi benkonzo, bengaba-
gcini beminyango yetabanakele: njengo-
kuba oyise babo bebepezu kwomnquba
KAYEHOVA, bengabagcini bendawo yokunge-
na, 20 akuba u-Finehasi unyana ka-Elezari
ebeyinkosi pezu kwabo ngapambili, UYEHO-
VA enaye. 21 U-Zekariya, unyana ka-
Meshelemiya, ebengumlindimnyango eluca-
ngweni lwentente yenklangano. 22 Bonke
abo baketwayo babe ngabalindi eminya-
ngweni, bebengamakulu mabini aneshumi
linesibini. Aba babàlelwa ngemizi yabo,
owati u-Davide, no-Samyali umboni, waba-
misa ebusebenzini babo. 23 Baye bona no-
nyana babo bebepezu kwamasango ayo in-
dhlu KAYEHOVA, indhlu yentente, ngemiva-
rasho. 24 Ngasemacaleni omane bebeko aba-
lindimnyango abo, ngasempumalanga, nga-
sentshonalanga, ngasenode, nangasesuyide.
25 Nabazalwana babo, *ababe*semizini yabo,
*bamiselwa* ukuza emva kwemihla esixenxe,
ngamaxesha ngamaxesha, babe nabo *ekuka-*



University of Fort Hare
Together in Excellence

*nzeni.* 26 Ngokuba ebusebenzini obo bebe-
ngabane abalindimnyango abakulu, abebe-
ngaba-Levi ; bona bapezu kwenkambili na-
pezu kwendyebo zendhlu KATIXO. 27 Baye
belalisa ngokuti ngqonga indhlu KATIXO,
ngokuba bekugcinwa ngabo, bekukokwabo
nokuvula ngemiso ngemiso. 28 Bati
innxcunye yabo bapezu kwezinto zenko-
nzo, ukuba bazingenise ngenani, nokuba
bazipumise ngenani kanjako. 29 Nen-
nxcunye yabo bamiswa pezu kwempahla,
kwa pezu kwempahla zonke zeyingcwele
*indawo,* napezu kwomgubo ocolekileyo, ne-
veyine, neoli, nenklakamhlope, nezimna-
ndi. 30 Nakonyana babaperisite *abanye*
bamanya amafuta ezimnandi. 31 No-Mati-
tiya, owakubo aba-Levi, obengowamazibulo
ka-Shalume um-Kora, ebesebusebenzini
pezu kwomsebenzi wezinto ezojiweyo. 32
Nakonyana bama-Kohati, kubo abazalwana
babo, *abanye* babepezu kwezonka zokuro-
zwa, ukuba zilungiswe ngesabata ngesa-
bata. 33 *Nakubo* aba *abanye* bebenga-
baculi, inkloko *zendhlu* zoyise pakati
kwaba-Levi, ezinkambilini, bekululekile;
ngokuba bebebangwa ngumsebenzi lowo,
immini nobusuku. 34 Aba bebezinkloko
*zendhlu* zoyise pakati kwaba-Levi, ngezizu-
kulwana zabo, inkosi. Aba bahlala e-Yeru-
saleme.

35 NASEGIBEYONE wahlala uyise we-
Gibeyone, u-Yeyeli : igama lomfazi wake
lalingu-Mahaka: 36 nonyana wake wama-
zibulo, ngu-Habedoni ; n*abanye,* ngu-Tsu-
re, no-Kishe, no-Bali, no-Nere, no-Nadabi,
37 no-Gedore, no-Ahiyo, no-Zekariya, no-
Mikelote. 38 Waye u-Mikelote wazala u-
Shimame. Bati ke naba bahlala nabazalwa-
na babo e-Yerusaleme, malungana nabaza-
lwana babo. 39 Kekaloku u-Nere wazala
u-Kishe; no-Kishe wazala u-Saule; no-
Saule wazala u-Jonatane, no-Maleki-shu-
ha, no-Abinadabi, no-Shebali. 40 Nonya-
na ka-Jonatane ebengu-Meribi-bali ; waza
u-Meribi-bali wazala u-Mika : 41 nonyana
baka-Mika *bebengaba :* u-Pitone, no-Mele-
ke, no-Tareha. 42 Waye u-Ahazi wazala
u-Yara ; no-Yara wazala u-Halemete, no-
Hazamaveti, no-Zimri ; wati u-Zimri wa-
zala u-Motsa ; 43 no-Motsa wazala u-Bine-
ha ; u-Refaya ebengunyana wake ; u-Ele-
hasa ebengunyana wake ; u-Atsele ebengu-
nyana wake. 44 Kekaloku u-Atsele
ebenonyana batandatu, abamagama angala :
u-Zarikame, u-Bokeru, no-Shimayeli, no-
Shehariya, no-Hobadiya, no-Hanane. Aba
bangonyana baka-Atsele.

10 KEKALOKU ama-Filistiya alwa no-
Sirayeli ; aza amadoda akwa-Sirayeli
esaba pambi kwama-Filistiya, awa ehla-
tyiwe entabeni ye-Giliboha. 2 Asuka ama-
Filistiya ati nama ukulandela u-Saule
nonyana bake ; ada ama-Filistiya abulala
u-Jonatane, no-Abinadabi, no-Maleki-shu-
ha, onyana baka-Saule. 3 Kwabekunzima
ke ukulwa pezu kwo-Saule, bati abo batola
ngesipeta bamcana ; waza watutumela
ngennxa yabatoli. 4 Wandula u-Saule
wati kumtwali wezixòbo zake : Rola irele
lako, undihlabe ngalo ; hleze aba 'banga-
lukileyo beze, badhlale ngami. Kodwa
umtwali wezixòbo zake ebengavumi ; ngo-
kuba ebesoyika kakulu. Waza u-Saule
watabata irele, wawa pezu kwalo. 5 Wati
umtwali wezixòbo zake, akubona ukuba u-
Saule ufile, wawa naye pezu kwerele, wafa
ke. 6 Kwa njalo wabuba u-Saule, nonya-
na bake bobatatu, nayo yonke indhlu yake
kwa kunye babuba.

7 Ati akubona onke amadoda akwa-Si-
rayeli abesemhlanjeni, ukuba esabile, no-
kuba u-Saule nonyana bake bafile, andula
ashiya izixeko zawo, esaba nawo ; ati ama-
Filistiya eza ahlala kuzo.

8 Kwaye kuto ngomnye umhla, akufika
ama-Filistiya ukuhluba abahlatyiweyo, afu-
mana u-Saule nonyana bake belele entabe-
ni ye-Giliboha. 9 Aza amhluba ke, ata-
bata inkloko yake, nezixòbo zake, atumela
elizweni lama-Filistiya elingqongayo, uku-
shumayela kwizitixo zawo nasebantwini.
10 Kekaloku izixòbo zake azibeka endhlwi-
ni yotixo wawo, nenkloko yake ayibetela
endhlwini ka-Dagone.

11 Bati bakuva bonke abase-Yabeshe-
gileyadi oko konke akwenzileyo ama-Fili-
stiya ku-Saule, 12 bandul' ukusuka bonke
abangamaroti, basusa isidumbu sika-Saule,
nezidumbu zonyana bake, bazizisa e-Yabe-
she ; baza bawancwaba amatambo abo nga-
pantsi kwomkoba e-Yabeshe, bazila uku-
tya intsuku zasixenxe.

13 Kwa njalo wabuba u-Saule ngesi-
gqito sake wagqita ngaso ngakuye UYEHO-
VA, ngakulo ilizwi LIKAYEHOVA, elo abenga-
ligcinanga ; nangokuba wacebisana nom-
shologu, kuze kubuzwe *kuwo ;* 14 enga-
buzanga nje KUYEHOVA : wati ke ngoko



University of Fort Hare
Together in Excellence

wamfisa, nobukumkani wabuguqulela ku-
Davide unyana ka-Jese.

11 BANDULA o-Sirayeli bonke bazi-
hlanganisela ku-Davide e-Hebrone,
besiti: Bona ke, silitambo lako nennyama
yako tina. 2 Kanjako kwa ngapambili,
xeshekweni u-Saule abesengukumkani,
ebenguwe owapumisa nowangenisa o-Sira-
yeli; kanjalo UYEHOVA, UTIXO wako, wati
kuwe: Wena uya kwalusa abantu bami
o-Sirayeli, wauya kuba yinkosi pezu kwa-
bo abantu bami o-Sirayeli. 3 Ngako bo-
nke abadala bo-Sirayeli beza kukumkani
e-Hebrone; waye u-Davide walwenza u-
cebano nabo e-Hebrone ebusweni BUKAYE-
HOVA; baza bamtambisa u-Davide abe
ngukumkani pezu kwo-Sirayeli, njengalo
ilizwi LIKAYEHOVA ngo-Samyali.
4 Waza waya u-Davide, no-Sirayeli bo-
nke, e-Yerusaleme, eyi-Yebusi; ngokuba
ama-Yebusi, abemi belozwe, ebekona. 5
Baza abemi base-Yebusi bati ku-Davide:
Akuyi kungena apa. Wati u-Davide noko
wayitimba innqaba ye-Ziyone, ekwa siso
isixeko sika-Davide. 6 Wayesiti u-Davide:
Osukuba ebeta ama-Yebusi ukuqala, uya
kuba yinkloko nenkosi. Waza u-Jowabi
unyana ka-Tseruya wenyuka ukuqala, wa-
ba yinkloko. 7 Wandula u-Davide wa-
hlala ennqatyeni; ngako oko bayibiza
ngokuti sisixeko sika-Davide. 8 Waza
waka isixeko eso ngokuti ngqonga, *kutabata*
e-Milo kwada kwakuyo indawo engqonga-
yo; nesisalela sesixeko wasihlaziya u-Jo-
wabi. 9 Waye u-Davide wamana ehambi-
sa, waba mkulu; ngokuba UYEHOVA wemi-
kosi ebenaye.

10 ZIZO ezi inkloko zamagora abenawo
u-Davide, abezomelezela yena ebukumka-
nini bake, kunye no-Sirayeli bonke, ukum-
enza ukumkani, njengelizwi LIKAYEHOVA
pezu kwo-Sirayeli. 11 Nangu umbalwa
wamagora abenawo u-Davide: u-Yasho-
bame unyana ka-Hakemoni, inkloko yenje-
ngele; yena wavivinya intshuntshe yake
ngakuwo amakulu matatu abahlatyiweyo
*nguye* ngexesha linye.
12 Kwaye kuko emva kwake u-Elezari,
unyana ka-Dodo, um-Ahoha, obepakati
kwawo amagora amatatu. 13 Yena wa-
beko no-Davide e-Pase-damime, akuhla-
nganiselwa kona ama-Filistiya ukulwa,
apo bekuko kona isahlulo somhlaba sizele
yiralasi; baza abantu besaba pambi kwa-
ma-Filistiya. 14 Kodwa bazimisa pakati
kwentsimi leyo, bayilondoloza, bawabulala
ama-Filistiya; waza UYEHOVA wabasindisa
ngosindiso olukulu.
15 Kwaye kusihla abatatu bakubo aba-
mashumi matatu abazinkloko ngaseweni
ukuya ku-Davide emqolombeni we-Hadu-
lame: wati umkosi wama-Filistiya wati
waca emhlanjeni wama-Rafa. 16 Wayo
u-Davide oko ebesennqatyeni, nelali yama-
Filistiya ibiko oko e-Beteleheme. 17 Waza
u-Davide walangazelela, wati: Akwaba
bendinokusezwa amanzi equleni lase-Bete-
leheme, elisesangweni! 18 Basuka abata-
tu abo batyoboza emkosini wama-Filistiya,
baka amanzi equleni lase-Beteleheme,
elisesangweni, bawatwala, bawazisa ku-
Davide: koko u-Davide ebengavumi uku-
wasela, kodwa wawatululela KUYEHOVA,
19 wati: Ubunzima mabube kumi buvela
KUTIXO wami, ukuba ndiyenza lento! igazi
lalamadoda ndiya kuwasela na, *abehamba*
ngokuncama ubomi bawo? ngokuba ngo-
kuncama ubomi bawo ewazisile: ngako
ebengavumi ukuwasela. Ezizinto azenza
lawomagora matatu.
20 Kanjalo u-Abishai, umninawe ka-
Jowabi, ebeyinkloko yabatatu: yena wa-
vivinya intshuntshe yake ngakuwo ama-
kulu matatu abahlatyiweyo *nguye*, waza
wanegama pakati kwabatatu abo. 21 Ku-
bo abatatu abo, ebebekekile ngapezu kwa-
babini, waba yinkosi yabo; kodwa akafi-
kelela kwabatatu *bokuqala*.
22 U-Benaya, unyana ka-Yoyada, u-
nyana wendoda eburoti, obemkulu nge-
zenzo, owase-Kabetsele, yena wabulala
amadoda mabini abungonyamara ase-Mo-
wabi: kanjako wehla wabulala ingonya-
ma pakati kwomnxuma ngomhla wengqe-
le: 23 wabulala nendoda engum-Jipete,
indoda yobude obukulu, yekubite ezinkla-
nu; nasesandhleni som-Jipete lowo ibiko
intshuntshe njengomti wabaluki; koko
wehlela kuye ngentonga, wayityutula in-
tshuntshe esandhleni som-Jipete, wambu-
lala ngeyake intshuntshe. 24 Ezizinto wa-
zenza u-Benaya unyana ka-Yoyada, waza
wanegama pakati kwalawomagora matatu.
25 Pakati kwabo abamashumi matatu, bona
ke, ebebekekile; kodwa akafikelela kwa-
batatu *bokuqala*. Wati u-Davide wammisa
pezu kwomlisela wake.
26 Kanjako amagora asezimpini *ebenga-*



University of Fort Hare
Together in Excellence

*ba;* u-Hasaheli umninawe ka-Jowabi; u-
Lehanane unyana ka-Dodo, um-Betelehe-
me; 27 u-Shamote, um-Harori; u-Heletse,
um-Peloni; 28 u-Hira unyana ka-Hikeshe,
um-Tekoha; u-Abihezere, um-Hanatote;
29 u-Sibekai, um-Husha; u-Hilai,
um-Ahoha; 30 u-Maharai, um-Netofati;
u-Helede unyana ka-Bahana, um-Netofati;
31 u-Yitai unyana ka-Rabai, owase-Gibeha
yosapo luka-Benjamine; u-Benaya, um-
Piratone; 32 u-Hurai, owasezintilini zase-
Gahashe; u-Abiyeli, um-Haraba; 33 u-
Hazamaveti, um-Bahurime; u-Eliyaba, um-
Shahalaboni; 34 *kubo* onyana baka-Hasha-
me, um-Gizo, u-Jonatane unyana ka-
Shage, um-Harari; 35 u-Ahiyame unyana
ka-Sakare, um-Harari; u-Elifali unyana
ka-Ure; 36 u-Hefere, um-Mekera; u-Ahiya,
um-Peloni; 37 u-Hetsero, um-Karamele;
u-Narai unyana ka-Zebai; 38 u-Joweli
umninawe ka-Natane; u-Mibihare
unyana wom-Hagare; 39 u-Tseleki, um-
Hamoni; u-Naharai, um-Berote, umtwali
wezixòbo ku-Jowabi unyana ka-Tseruya;
40 u-Hira, um-Yetere; u-Garebi, um-
Yetere; 41 u-Huriya, um-Hete; u-Zabadi
unyana ka-Halai; 42 u-Hadina unyana ka-
Shiza, um-Rubene, inkloko yama-Rubene,
ekunye naye amashumi matatu; 43 u-
Hanane unyana ka-Mahaka; no-Yoshafate,
um-Miteni; 44 u-Huziya, um-Hashetarote;
u-Shama, no-Yeyeli, onyana baka-Hotame,
um-Harohere; 45 u-Yedaheli unyana ka-
Shimri; no-Yoha umzalwana wake, um-
Titse; 46 u-Eliyeli, um-Mahavi; no-Yeri-
bai, no-Yoshariya, onyana baka-Lenahame;
no-Yitema, um-Mowabi; 47 u-Eliyeli;
no-Obedi; no-Yahasiyeli, um-Metsobaya.

12 KEKALOKU ngaba abezayo ku-Da-
vide, e-Tsikilage, nxa abesavalelwa
ngenxa ka-Saule unyana ka-Kishe: bebe-
pakati kwamagora nabo, bengabancedi em-
fazweni; 2 benokutyeda isipeta, besenza
nangesokunene nangesokohlo isandhla *uku-
saula* ngamatye *nokutola* ngentolo ngesipe-
ta: bebengabakubo abazalwana baka-Saule,
kuma-Benjamine: 3 oyinkloko u-Ahiheze-
re, no-Yohashe, onyana baka-Shemaha, um-
Gibeha; no-Yeziyeli, no-Pelete, onyana
baka-Hazamaveti; no-Beraka; no-Jehu, um-
Hanatote; 4 no-Yishemaya, um-Gibeyone,
obeligora pakati kwabamashumi matatu,
obepezu kwabamashumi matatu kanjako;
no-Jeremiya; no-Yahaziyeli; no-Johana-
ne; no-Yozabadi, um-Gedera; 5 u-Eluzai;
no-Jerimote; no-Behaliya; no-Shemariya;
no-Shefatiya, um-Harufe; 6 u-Lekana, no-
Yishiya, no-Hazareli, no-Yohezere, no-
Yashobame, ama-Kora; 7 no-Johela, no-
Zebadiya, onyana baka-Yerohame, owase-
Gedore.

8 Nakuma-Gadi kwazahlula ukuya ku-
Davide ennqatyeni ngasenklango ama-
gora aburoti, amadoda omkosi *eqelene*
nokulwa, exòbe ikaka nomkonto; ubuso
bawo bu*njengo*buso bengonyama, enjenga-
mabadi pezu kwentaba ngokuba namendu:
9 u-Hezere ebengowokuqala; u-Hobadiya
ebengowesibini; u-Eliyabe ebengowesita-
tu; 10 u-Mishemana ebengowesine; u-
Jeremiya ebengowesihlanu; 11 u-Hatai
ebengowesitandatu; u-Eliyeli ebengowe-
sixenxe; 12 u-Johanane ebengowesibozo;
u-Lezabadi ebengowesitoba; 13 u-Jere-
miya ebengoweshumi; u-Makebanai ebe-
ngoweshumi elinesinye. 14 Aba ke bebe-
ngabonyana baka-Gadi, inkloko zomkosi:
lowo obengomncinane wapezu kwekulu,
nalowo obengomkulu wapezu kwewaka.
15 Ngabo aba abawela i-Yoredane ngen-
nyanga yokuqala, yakuba ibizalele pezu
kwazo zonke indonga zayo; baza basabisa
bonke abasemihlanjeni, ngasekupumeni na-
ngasekutshoneni kwelanga.

16 Kwaye kusiza ennqatyeni ku-Davide
*innxennye* kubo onyana baka-Benjamine no-
Juda. 17 Waza u-Davide wapumela pambi
kwabo, wateta, wati kubo: Ukuba nize
ngoxolo kumi, ukuze nindincede, inkli-
ziyo'yami yoba 'nnye neyenu; kodwa ukuba
*nize* ukundikila ezintshabeni zami, kunge-
ko ubudhlwengu nje esandhleni sami, ma-
kabone UTIXO wobawo betu, ohlwaye ke!
18 Waza UMOYA wangena ku-Hamasai,
inkloko yenjengele, *owati:* Singabako,
Davide! sikunye nawe, nyana ka-Jese!
uxolo, uxolo malube kuwe, uxolo malube
nakubancedi bako; ngokuba UTIXO wako
ekunceda. Wandula u-Davide waba-
mkela, wababeka pakati kwenkloko zeba-
ndhla.

19 Nakubo o-Manase kwapongomela ku-
Davide *innxennye*, nxa abesiza nama-Filisti-
ya ukulwa ngaku-Saule: kanti abawanceda:
ngokuba inkosi zama-Filistiya bezite nge-
cebo zamndulula, zisiti: Uya kupongomela
enkosini yake u-Saule, *azise ingozi* pezu
kwenkloko zetu. 20 Nxa abesiya e-
Tsikilage, kwapongomela kuye, kubo o-



University of Fort Hare

Manase, u-Hadena, no-Yozabadi, no-Yeda-
heli, no-Mikaheli, no-Yozabadi, no-Elihu,
no-Tsiletai, inkloko zamawaka akwa-
Manase. 21 Aba bamnceda u-Davide nga-
kulo ibandhla, ngokuba bebengamagora
aburoti bonke; baba zinkosi emkosini ka-
njako. 22 Ngokuba ngexesha *elo*, imihla
ngemihla, bekuziwa ku-Davide ukumnce-
da, kwada kwabako umkosi omkulu, nje-
ngomkosi KATIXO.

23 OKU kukubalwa kwamaqela abaxò-
belo ukulwa, abezayo ku-Davide e-Hebro-
ne, ukuba kuguqulelwe kuye ubukumkani
buka-Saule, njengelizwi LIKAYEHOVA. 24
Onyana baka-Juda, abapete ikaka nomko-
nto, bebengamawaka matandatu anamaku-
lu asibozo, bexòbele ukulwa. 25 Kubo
onyana baka-Simone, amagora aburoti eku-
lweni, ngamawaka asixenxe anekulu li-
nye. 26 Kubo onyana baka-Levi, ngama-
waka mane anamakulu matandatu. 27 Ke-
kaloku u-Yoyada ebeyinkosi yama-Arone,
enaye amawaka matatu anamakulu asixe-
nxe: 28 no-Tsadoki, indodana ebili-
gora eliburoti; nendhlu kayise, inkosi
*zayo* bezingamashumi mabini anesibini.
29 Nakubo onyana baka-Benjamine, aba-
zalwana baka-Saule, ngamawaka matatu:
ngokuba kwada kwakaloku into enninzi
yabo yabambelela kwindhlu ka-Saule. 30
Nakubo onyana baka-Frayime, ngamawa-
ka angamashumi mabini anamakulu asi-
bozo, amagora aburoti, amadoda adumileyo
kwindhlu zoyise zawo. 31 Nakuso isiqi-
ngata sesizwe sika-Manase, ngamawaka
alishumi linesibozo, abebalulwe ngamaga-
ma, ukuba eze kumenza u-Davide uku-
mkani. 32 Nakubo onyana baka-Yisakare,
abo bakwaziyo ukuqiqa amaxesha, ukuba
bayiqonde into bange beyenza o-Si-
rayeli, abazinkloko zabo bebengamaku-
lu mabini; bati bonke abazalwana babo
*benza* ngelizwi labo. 33 Nakubo o-Zebu-
lone, abo bapumayo nomkosi, becwangci-
selwe ukulwa, benempahla zonke zemfa-
zwe, ngamawaka angamashumi mahlanu;
bayo behlanganisana ke, bengenankliziyo
'mbini. 34 Nakubo o-Nefatali, inkosi za-
liwaka, nakunye nazo, benekaka nen-
tshuntshe, ngamawaka angamashumi ma-
tatu enesixenxe. 35 Nakuma-Dane, ecwa-
ngciselwe ukulwa, ngamawaka angama-
shumi mabini enesibozo anamakulu mata-
ndatu. 36 Nakubo o-Ashere, abo bapu-
mayo nomkosi, becwangciselwe ukulwa,
ngamawaka angamashumi mane. 37 Na-
pesheya kwe-Yoredane, kwa kuwo ama-
Rubene, nama-Gadi, nesiqingata sesizwe
sika-Manase, enempahla zonke zomkosi
wokulwa, ngamawaka alikulu elinama-
shumi mabini.

38 Ati onke lamadoda okulwa, ehlanga-
nisene ngamabandhla, eza ngenkliziyo e-
kolisekileyo e-Hebrone, ukuba amenze u-
Davide ukumkani pezu kwo-Sirayeli bonke:
kanjalo sonke isisalela so-Sirayeli sasiyin-
kliziyo 'nnye naso ukwenza u-Davide uku-
mkani. 39 Abeko kona ndawonye no-
Davide intsuku zantatu, esidhla esela no-
kusela: ngokuba ebelungiselwe *ukutya*
ngabazalwana bawo. 40 Kanjako abo a-
bebekufupi nawo, kwada kwase-Yisakare,
ne-Zebulone, ne-Nefatali, bazisa isonka pe-
zu kwamaqwarashe, napezu kwenkamela,
napezu kwamaqwarara, napezu kwenkabi,
ukutya kwomgubo, amasimba amakiwane,
nezipa zedreyive ezishwenyileyo, nove-
yine, neoli, nenkabi, negusha ngento enni-
nzi: ngokuba bekuko uvuyo kwa-Sirayeli.

13 WAZA u-Davide wacebisana nenkosi
zamawaka nezamakulu, kunye nen-
kosi zonke. 2 Wayesiti u-Davide kuyo
yonke inklanganiso yo-Sirayeli: Ukuba
kunga kulungile kuni, nokuba kuvela KU-
YEHOVA, UTIXO wetu, masitume ngamacala
onke kubazalwana betu abaseleyo kulo
lonke ilizwe lakwa-Sirayeli, nakunye nabo
*ku*baperisite naba-Levi abasezixekweni
zennqele zabo, ukuba bazihlanganisele ku-
ti: 3 netyeya KATIXO wetu masiyijikisele
kuti: ngokuba singabuzanga kuyo emi-
hleni ka-Saule. 4 Yaza yonke inklanga-
niso yati iya kwenje njalo: ngokuba londa-
wo ibifanele emehlweni abantu bonke.

5 Wandula u-Davide wahlanganisa o-
Sirayeli bonke, kwa se-Shihore yase-Jipete
kwada kwasekungenweni kwe-Hamati, u-
kuba kubuyiswe ityeya KATIXO e-Kiriyate-
yarime. 6 Wenyuka u-Davide, no-Sirayeli
bonke, ukuya e-Bahala, e-Kiriyate-yarime,
eyakwa-Juda, ukunyusa kwa kona ityeya
KATIXO ONGUYEHOVA, ohlalayo pakati kwe-
kerubime, ogama libizwayo *pezu kwayo*.

7 Baza bakwelisa ityeya KATIXO ennqwe-
lweni entsha, *besuka nayo* endhlwini ka-
Abinadabi: bati u-Huza no-Ahiyo babe-
xesha innqwelo. 8 Bandula u-Davide no-
Sirayeli bonke badhlala ebusweni BUKA-



University of Fort Hare

TIXO ngamandhla onke, nangamaculo, na-
ngehadi, nangenebelo, nangentambula, na-
ngesimbali, nangamaxilongo.
9 Kwati kwakufikwa esibayeni sokubula
sika-Kidone, waza u-Huza wolula isandhla
sake ukuba abambe ityeya; ngokuba
inkabi bezikùbeka. 10 Yandula yavuta
ingqumbo KAYEHOVA ngakuye u-Huza,
wambeta ke, ngennxa yokuba ebesolule
isandhla sake ngasetyeyeni; waza wafa
kona ebusweni BUKATIXO. 11 Wasuka waqu-
mba u-Davide ngokokuba UYEHOVA ebenzile
isityobozelo pezu kwo-Huza; ngako wayi-
biza londawo ngokuti yi-Peretse-huza,
kude kwanamhla nje. 12 Waza u-Davide
wamoyika UTIXO ngalommini, esiti: Ndoti
nina ukuyizisa kumi ityeya KATIXO? 13
Ngako u-Davide akapambukisa ityeya leyo
iye kuye esixekweni sika-Davide, kodwa
wayishenxisela endhlwini ka-Obedi-edome
um-Gate. 14 Yaye ityeya KATIXO ihleli
nabendhlu ka-Obedi-edome, endhlwini ya-
ke, innyanga zantatu: waza UYEHOVA wa-
tamsanqela indhlu ka-Obedi-edome, nako
konke abenako.

14 KEKALOKU u-Hirame, ukumkani
we-Tire, watuma izigidimi ukuya ku-
Davide, nemiti yesedare, nenncibi zendo-
nga, nenncibi zemiti, ukuze akelwe indhlu.
2 Waza wanakana u-Davide ukuba UYEHO-
VA ebemqinisile ukuba ngukumkani pezu
kwo-Sirayeli; ngokuba ubukumkani bake
bebupakanyiselwa pezulu, ngennxa yaba-
ntu bake o-Sirayeli.
3 Walekela u-Davide ukuzeka abafazi
e-Yerusaleme; walekela u-Davide noku-
zala onyana nentombi. 4 Ngawo la ama-
gama abo abantwana abenabo e-Yerusa-
leme: u-Shamuha, no-Shobabe, *no*-Natane,
no-Solomone, 5 no-Yibare, no-Elishuha, no-
Elifelete, 6 no-Noga, no-Nefege, no-Yafiya,
7 no-Elishama, no-Beliyada, no-Elifelete.

8 KWATI kwakuviwa ngama-Filistiya
ukuba u-Davide utanjisiwe abe ngukumka-
ni pezu kwo-Sirayeli bonke, andula enyuka
onke ama-Filistiya ukuya kumfuna u-Da-
vide. Waza u-Davide, akuva *oko*, wapuma
ngakuwo. 9 Ada eza ama-Filistiya, azi-
twabulula emhlanjeni wama-Rafa. 10
Waza u-Davide wabuza KUTIXO, esiti: Ndi-
ya kunyuka na ngakuwo ama-Filistiya?
wowanikela esandhleni sami na? Waye-
siti UYEHOVA kuyo: Nyuka; ngokuba ndi-
ya kuwanikela esandhleni sako. 11 Kwati
kwakunyukelwa e-Bali-peratsime, wawa-
beta kona u-Davide. Wandula wati u-
Davide: UTIXO utyobozele ezintshabeni
zami ngesandhla sami njengesityobozelo
samanzi. Ngako oko kwabizwa igama
lalondawo ngokuti yi-Bali-peratsime. 12
Ayeshiya kona otixo bawo; waza waxela
u-Davide, batshiswa ngomlilo.
13 Apinda kanjako ama-Filistiya azi-
twabulula emhlanjeni lowo. 14 Ngako
u-Davide wabuya wabuza KUTIXO; waye
UTIXO esiti kuye: Ungenyuki emva kwawo;
jika umke kuwo, uye uwafikele malungana
nemiti yebaka. 15 Kwakuya kuti, nxa uva-
yo isandi sokuhanjwa ezinncameni zemiti
yebaka, wandule ukupuma ukulwa; ngo-
kuba sēlepumile UTIXO pambi kwako, uku-
beta umkosi wama-Filistiya. 16 Wenje nja-
lo u-Davide, njengokuba UTIXO ebemyalele:
kwaza kwabetwa umkosi wama-Filistiya
kwa se-Gibeyone kude kwase-Gezere.
17 Lwandula udumo luka-Davide lwapu-
mela emazweni onke; wati UYEHOVA wabeka
ukwoyikwa kwake pezu kwezizwe zonke.

15 KEKALOKU *u-Davide* wazenzela
izindhlu esixekweni sika-Davide, wa-
yilungisela ityeya KATIXO indawo, wayo-
lulela intente. 2 Wandula wati u-Davide:
Akuko 'mntu ongayitwalayo ityeya KA-
TIXO, kupela ngaba-Levi; ngokuba bona
ebanyulile UYEHOVA ukuba batwale ityeya
KATIXO, nokuba bamkonze kude kube ngu-
napakade.
3 Waza u-Davide wabahlanganisela e-
Yerusaleme o-Sirayeli bonke, ukuze ityeya
KAYEHOVA inyuselwe endaweni yayo, leyo
ebeyilungisele yona. 4 Kanjalo wababuta
u-Davide onyana baka-Arone naba-Levi: 5
konyana baka-Kohati, u-Wuriyeli oyinkosi,
nabazalwana bake abalikulu linamashumi
mabini; 6 konyana baka-Merari, u-Hasaya
oyinkosi, nabazalwana bake abangamaku-
lu mabini anamashumi ekwa mabini; 7
konyana baka-Gereshome, u-Joweli oyin-
kosi, nabazalwana bake abalikulu lina-
mashumi matatu; 8 konyana baka-Elitsa-
fane, u-Shemaya oyinkosi, nabazalwana
bake abangamakulu mabini; 9 konyana
baka-Hebrone, u-Eliyeli oyinkosi, nabaza-
lwana bake abangamashumi asibozo; 10
konyana baka-Huziyeli, u-Haminadabi o-
yinkosi, nabazalwana bake abalikulu eli-
neshumi linababini.



University of Fort Hare
Together in Excellence

11 Waza u-Davide wabiza u-Tsadoki
no-Abiyatare abaperisite, naba-Levi, u-
Wuriyeli, *no*-Hasaya, no-Joweli, *no*-She-
maya, no-Eliyeli, no-Haminadabi, 12 wati
kubo : Nina nizinkloko *zendhlu* zoyise
zaba-Levi ; zingcwaliseni, nina nabaza-
lwana benu, ukuba niyinyuse ityeya KA-
YEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ize *endaweni*
ndiyilungisele yona. 13 Ngokokuba be-
kungenini *abenje njalo* ekuqaleni, watyo-
bozela pezu kwetu UYEHOVA, UTIXO wetu,
ngokuba singamfunanga njengesiko.

14 Bandula abaperisite naba-Levi bazi-
ngcwalisa, ukuze benyuse ityeya KAYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli. 15 Lwaza usapo lwaba-
Levi lwayityata ityeya KATIXO emagxala-
beni alo, ngezibonda ezipezu kwayo, nje-
ngokuba ebeyalele u-Mosesi ngelizwi LIKA-
YEHOVA.

16 Wateta u-Davide kwinkosi zaba-Le-
vi, ukuba zimise abazalwana bazo abaculi,
benento zokuculisa, inebele, nehadi, ne-
simbali, bevakalisa ngokupakamisa ilizwi
ngovuyo. 17 Baza aba-Levi bamisa u-
Hemani unyana ka-Joweli ; nakubazalwa-
na bake, u-Safa unyana ka-Berekiya ; na-
konyana baka-Merari abazalwana babo,
u-Etane unyana ka-Kushaya : 18 nakunye
nabo, abazalwana babo besaci sesibini,
u-Zekariya, u-Bene, no-Yaziyeli, no-She-
miramote, no-Yehili, no-Huni, *no*-Eliyabe,
no-Benaya, no-Mahaseya, no-Matitiya, no-
Elifele, no-Mikineya, no-Obedi-edome, no-
Yeyeli, abalindimnyango. 19 Baza abaculi,
u-Hemani, *no*-Safa, no-Etane, bavakalisa
ngesimbali zexina ; 20 no-Zekariya, no-
Aziyeli, no-Shemiramote, no-Yehili, no-
Huni, no-Eliyabe, no-Mahaseya, no-Benaya,
ngenebele ngokwehalamote ; 21 no-Mati-
tiya, no-Elifele, no-Mikineya, no-Obedi-
edome, no-Yeyeli, no-Hazaziya, ngehadi
ngokwesheminiti, ukuhlabelisa.

22 Kekaloku u-Kenaniya ebengumpati
waba-Levi ngokuvuma : waluleka ngoku-
vuma, ngokuba ebenokuqonda. 23 U-Be-
rekiya no-Lekana bebengabalindimnyango
betyeya.

24 U-Shebaniya, no-Yoshafate, no-Neta-
neli, no-Hamasai, no-Zekariya, no-Benaya,
no-Eliyezeri, abaperisite, bahlokomisa ama-
xilongo pambi kwetyeya KATIXO : u-Obedi-
edome no-Yehiya bebengabalindimnyango
betyeya.

25 Kwaye kute, u-Davide, nabadala bo-
Sirayeli, nenkosi zamawaka, baya uku-
nyusa ityeya yocebano LUKAYEHOVA en-
dhlwini ka-Obedi-edome ngovuyo. 26
Kwaza kwati, ngokokuba UTIXO wabanceda
aba-Levi abatwala ityeya yocebano LUKA-
YEHOVA, babingelela inkunzana zenkomo
ezisixenxe, nenkunzi zegusha ezikwa sixe-
nxe. 27 Kekaloku u-Davide wavatiswa
ngengubo yeqiya eshiceneyo, kwa nabo
bonke aba-Levi abatwala ityeya, nabaculi,
no-Kenaniya umpati wokuvuma kwaba-
culi : kanjalo u-Davide ebeneyefodi yeqiya
pezu kwake. 28 Kwa njalo o-Sirayeli
bonke benyusa ityeya yocebano LUKAYEHO-
VA, ngokumemeza, nangenklokoma yopo-
ndo, nangamaxilongo, nangesimbali, beva-
kalisa ngenebele nangehadi.

29 Kwaza kwati, yakufika ityeya yoce-
bano LUKAYEHOVA esixekweni sika-Davide,
u-Mikali, intombi ka-Saule, wakangela nge-
fentsile, wambona ukumkani u-Davide edu-
da, edhlala nokudhlala : wandula wamdela
enkliziyweni yake.

16 Baza bangenisa ityeya KATIXO, bayi-
misa pakati kwentente ebe yolulelwe
yona ngu-Davide ; baye benikela amadini
okutshiswa neminikelo yoxolo pambi
KWOTIXO. 2 Xeshekweni u-Davide abe-
gqibile ukunikela amadini okutshiswa ne-
minikelo yoxolo, wandula wabatamsanqe-
lisa abantu egameni LIKAYEHOVA. 3 Ka-
njalo wabela kubo bonke abantu bakwa-
Sirayeli, kuwo amadoda nakubo abafazi,
kwabanye ngabanye, isimba lesonka, ne-
siqendu *senyama*, negubu *leveyine*.

4 WAZA wamisela pambi kwetyeya KA-
YEHOVA *abatile* kuba-Levi babe ngabakonzi,
nokuba bakankanye, babulele, badumise U-
YEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli : 5 u-Safa oyinklo-
ko, no-Zekariya osemva kwake ; u-Yeyeli,
no-Shemiramote, no-Yehili, no-Matitiya,
no-Eliyabe, no-Benaya, no-Obedi-edome :
wati u-Yeyeli *wavakalisa* ngenebele nange-
hadi, kodwa u-Safa wavakalisa ngesimbali ;
6 no-Benaya, no-Yahaziyeli, abaperisite,
ngamaxilongo futi pambi kwetyeya yoce-
bano LUKATIXO.

7 Oko, kwa ngalomhini, wanika u-Da-
vide kuqala *eliculo* lokumdumisa UYEHOVA
esandhleni sika-Safa nabazalwana bake, *lo-
kuti :*

8 Bulelani KUYEHOVA, shumayelani iga-
ma lake, yazisani izenzo zake pakati kwa-
bantu. 9 Vumani kuye, culani amaculo
kuye, tetani ngayo yonke imimangaliso



University of Fort Hare
Together in Excellence

yake. 10 Qayisani ngegama lake eliyin-
gcwele: maivuye inkliziyo yabamfunayo
UYEHOVA. 11 Buzani UYEHOVA namandhla
ake; funani ubuso bake futi. 12 Kumbu-
lani imimangaliso yake ayenzileyo, imiqo-
ndiso yake, nezigwebo zomlomo wake; 13
nina 'nzalo ka-Sirayeli isicaka sake, bo-
nyana baka-Yakobi, abaqashwa bake! 14
NGUYEHOVA, UTIXO wetu, yena; imigwebo
yake ikuwo wonke umhlaba. 15 Kumbu-
lani ucebano lwake kude kube ngunapa-
kade; ilizwi wabelixela kwiwaka lezizu-
kulwana; 16 *ucebano* owalwenzayo no-
Abrahame, nesifungo sake ku-Yisake; 17
walumisela ku-Yakobi lube ngumteto,
ku-Sirayeli lube lucebano olungunapaka-
de, 18 esiti: Ndokunika ilizwe le-Kanane,
isabiwo selifa lenu; 19 okuya nibe ninga-
bantu abalula, kwa into enncinanana naba-
semzini kulo. 20 Bati bakuya kwisizwe
ngesizwe, bevela kw*obunye* ubukumkani
besiya ebantwini bambi; 21 akavumela-
nga 'mntu ukuba ababandezele: wabo-
hlwaya nokumkani ngennxa yabo, 22 *esiti*:
Ningacukumisi abatanjiswa bami, naba-
profite bami ningabapati kakubi.

23 Vumani KUYEHOVA, mhlaba wonke!
shumayelani usindiso lwake ngemihla nge-
mihla. 24 Balisani ubungcwalisa bake pa-
kati kwabaheyideni, imimangaliso yake pa-
kati kwezizwe zonke. 25 Ngokuba UYEHO-
VA emkulu, ulungel' ukudunyiswa kakulu;
ulungel' ukwoyikwa napezu kwotixo bonke.
26 Ngokuba bonke otixo bezizwe bengama-
dalo; kanti UYEHOVA walenza izulu. 27
Ebusweni bake kuko isitomo nobunganga-
msha; endaweni yake kuko amandhla
nomgcobo. 28 Nikelani KUYEHOVA, zizuku-
lwana zabantu! nikelani KUYEHOVA ubu-
ngcwalisa namandhla. 29 Nikelani KUYE-
HOVA ubungcwalisa begama lake; zisani
umnikelo, ningene ebusweni bake: bede-
shani UYEHOVA ebuhleni bobungcwele. 30
Tutumelani pambi kwake, mhlaba wonke!
Ilizwe nalo liya kuqiniswa, lize lingabi
nakushukunyiswa. 31 Malivuye izulu,
ugcobe umhlaba; makutiwe pakati kwe-
zizwe: UYEHOVA upete ngobukumkani.
32 Malugqume ulwandhle, nokuzala kwa-
lo; mazivuyelele izindhle, nako konke oku-
pakati kwazo. 33 Oko iya kugcoba yonke
imiti yehlati ebusweni BUKAYEHOVA; ngo-
kuba esiza agwebe umhlaba.

34 Bulelani KUYEHOVA, ngokuba elu-
ngile: ngokuba ububele bake bungunapa-
kade. 35 Yitini: Sisindise, TIXO wosindi-
swa lwetu! sihlanganise, usihlangule ku-
baheyideni, size sibulele egameni lako
elingcwele, siqayise eludunyisweni lwako.
36 Makabongwe UYEHOVA, UTIXO wo-Sira-
yeli, kwa kunapakade kude kube nguna-
pakade!

Baza bati bonke abantu: Amene! bam-
dumisa UYEHOVA.

37 Kwa njalo washiyela kona, ebusweni
betyeya yocebano LUKAYEHOVA, u-Safa naba-
zalwana bake, ukuba bakonze pambi kwe-
tyeya futi, njengendawo yemihla ngemi-
hla; 38 no-Obedi-edome, nabazalwana ba-
bo, amashumi matandatu anesibozo; no-
Obedi-edome unyana ka-Jedutune, no-
Hosa, babe ngabalindimnyango; 39 no-
Tsadoki umperisite, nabazalwana bake aba-
perisite, pambi kwetabanakele KAYEHOVA
endaweni epakamileyo ese-Gibeyone, 40
ukuba banikele amadini okutshiswa KUYE-
HOVA, pezu kwesibingelo sedini lokutshi-
swa futi, ngokusa nangokuhlwa, *benze* na-
ngako konke okubàliweyo emtetweni KAYE-
HOVA owabewuxele ko-Sirayeli; 41 naku-
nye nabo u-Hemani no-Jedutune, nesisa-
lela sabanyuliweyo, abebebalulwe ngama-
gama, ukuba babulele KUYEHOVA, ngokuba
ububele bake bungunapakade; 42 naku-
nye nabo u-Hemani no-Jedutune, benama-
xilongo nesimbali zibe zezabavakalisayo,
nezinto zokuculisa ZIKATIXO. Bati onyana
baka-Jedutune *balinda* esangweni.

43 Bada bemka bonke abantu baya aba-
nye ngabanye ezindhlwini zabo; waza
wabuya u-Davide ukuya kutamsanqelisa
indhlu yake.

17 KWABEKUTE nxa u-Davide abehleli
endhlwini yake, wandula wati u-
Davide ku-Natane umprofite: Bona ke, mina
ndihleli endhlwini yesedare, kodwa ityeya
yocebano LUKAYEHOVA *ihleli* ngapantsi kwe-
zikuselo. 2 Waza u-Natane wati ku-
Davide: Yenza konke okusenkliziyweni
yako; ngokuba UTIXO enawe.

3 Kwaye kute ngobobusuku, kweza ili-
zwi LIKATIXO ku-Natane, lisiti: 4 Hamba
uti ku-Davide isicaka sami: Utsho UYEHOVA
ukuti: Akuyi kundakela indhlu yokuhlala
wena. 5 Ngokuba ndingahlalanga en-
dhlwini, kwa semhleni ndabendinyusa o-
Sirayeli kwada kwanamhla nje; koko ndi-
sukile kwennye intente ukuya kwennye,
nakwennye itabanakele *ukuya kwennye*.



University of Fort Hare
Together in Excellence

6 Apo kusukuba ndihambile kona kunye
no-Sirayeli bonke, ndike ndateta ilizwi
na kwomnye wabagwebi bo-Sirayeli, endi-
be ndibayalele ukwalusa abantu bami,
ndisiti: Yinina ukuba anindakeli indhlu
yesedare? 7 Ngako kaloku, uya kutsho
kwisicaka sami, ku-Davide, ukuti: Utsho
UYEHOVA wemikosi ukuti: Mina ndakuta-
bata esibayeni, kwa sekulandeleni igusha,
ukuba ube yinkosi pezu kwabantu bami
o-Sirayeli: 8 ndabendiko nawe apo kusu-
kuba ubuhamba kona, nazo zonke intshaba
zako ndizinqamlile ebusweni bako; ka-
njalo ndikwenzele igama elinjengegama
labakulu abasemhlabeni: 9 ndandiya ku-
misela abantu bami o-Sirayeli indawo, ndi-
batyale, baze beme endaweni yabo, bangabi
sazanyazanyiswa; kanjalo usapo lwobume-
nemene aluyi kubuya lubasinyise, njenga-
sekuqaleni, 10 nakuselokwemihla ndabe-
ndimisa abagwebi pezu kwabantu bami
o-Sirayeli: nazo zonke intshaba zako ndi-
zitobisile. Kanjako ndiyashumayela kuwe
ukuba UYEHOVA wokwakela indhlu. 11
Kwakuya kuti, xeshekweni izalisekile imi-
hla yako yokuba woya *kulala* noyihlo bako,
ndiya kwandula ndivuse owenzalo yako
emva kwako, oya kuba ngowonyana bako,
ndibuqinise ubukumkani bake. 12 Nguye
oya kundakela indhlu, ndandiya kuqinisa
iterone yake kude kube ngunapakade. 13
Mina ndiya kuba nguyise kuye, naye woba
ngunyana kumi; nobubele bami andiyi ku-
bususa kuye, njengokuba ndabususa kulowo
obepambili kuwo: 14 kodwa ndiya kum-
misa endhlwini yami nasebukumkanini ba-
mi kude kube ngunapakade; neterone yake
iya kuqiniswa kude kube ngunapakade.
15 Ngawo onke lamazwi, nangawo wonke
lomboniso, wateta u-Natane kwa ngoku-
njalo ku-Davide.

16 Wandula ukumkani u-Davide wange-
na wahlala ebusweni BUKAYEHOVA, wati:
Ndingubaninna mina, YEHOVA, TIXO! iyinto
nina nendhlu yami, ukuba undizisile kude
kwalapa? 17 Oku bekuncinane noko eme-
hlweni ako, TIXO! ngokuba utetile ngen-
dhlu yesicaka sako kude kube kude, wa-
ndibona njengesiko labantu kwa pezulu,
YEHOVA, TIXO! 18 Yinto nina angasale-
kela u-Davide *ukuyiteta* kuwe, ngokube-
kwa kwesicaka sako? ngokuba wena usazi
isicaka sako. 19 YEHOVA! ngenuxa yesi-
caka sako, nanjengeyako inkliziyo, we-
nzile bonke obubukulu, kuze kwaziswe
zonke ezizinto zinkulu. 20 YEHOVA! aku-
ko onjengawe, kanjako akuko UTIXO nga-
pandhle kwako, njengako konke esikuvi-
leyo ngendhlebe zetu. 21 Kanjalo sisi-
pina isizwe sinye emhlabeni esinjengabo
abantu bako o-Sirayeli, owati UTIXO waya
ukubakulula babe ngabantu bako, uze
uzenzele igama lobukulu nolwoyikeko,
ngokugxota abaheyideni pambi kwa-
bantu bako, owaukulule bona e-Jipete?
22 Waubenzile abantu bako o-Sirayeli
ukuba babe ngabantu bako kude kube
ngunapakade; nawe, YEHOVA! waba NGU-
TIXO wabo. 23 Ngako kaloku, YEHOVA!
ilizwi ulitetileyo ngaso isicaka sako, na-
ngayo indhlu yaso, malinyaniswe kude
kube ngunapakade, wenze njengokuba
utetile. 24 Ewe malinyaniswe, negama
lako malenziwe likulu kude kube nguna-
pakade, kuze kutiwe: UYEHOVA wemikosi,
UTIXO wo-Sirayeli, UNGUTIXO ko-Sirayeli;
nendhlu ka-Davide isicaka sako, maiqini-
swe pambi kwako. 25 Ngokuba wena, TIXO
wami! utyilele indhlebe yesicaka sako oko-
kuba uya kusakela indhlu; ngako oko isi-
caka sako sifumene *enkliziyweni yake* uku-
tandaza ebusweni bako. 26 Nakaloku,
YEHOVA! wena unguye UTIXO, nezizinto
ezilungileyo uzitetile ngaso isicaka sako:
27 ngako kaloku makukoleke kuwe uku-
tamsanqela indhlu yesicaka sako, ukuba
ibeko pambi kwako kude kube ngunapaka-
de; ngokuba wena, YEHOVA! uyitamsa-
nqele, yaiya kutanyusanqelwa kude kube
ngunapakade.

18 KWABEKUTE emveni kwoku, uku-
ba u-Davide wabeta ama-Filistiya, wa-
watobisa; waza watabata i-Gate namagxa-
mesi ayo esandhleni sama-Filistiya.

2 Wabeta nama-Mowabi; aza ama-Mo-
wabi aba ngabakonzi ku-Davide, asa imi-
nikelo.

3 Waza u-Davide wabeta u-Hadarezere,
ukumkani we-Tsoba, kwada kwase-Ha-
mati, ekuhambeni kwake ukuya kumisa
amandhla ake ngasemlanjeni wom-Ferate.
4 Waye u-Davide watimba kuye iwaka
lennqwelwana, namawaka asixenxe aba-
kweli bamahashe, namawaka angamashu-
mi mabini abahamba ngennyawo: waza
u-Davide wawasika umbotshwa onke *ama-
hashe* ennqwelwana; kodwa wasalisa kuwo
awennqwelwana zalikulu. 5 Kekaloku
ama-Siriya ase-Damakusi eza ukumnceda



University of Fort Hare
Together in Excellence

u-Hadarezere ukumkani we-Tsoba; waza
u-Davide wabulala kuwo ama-Siriya ama-
doda angamawaka angamashumi mabini
anamabini. 6 Wandula u-Davide wazi-
beka *ilali* e-Siriya yase-Damakusi; ati ama-
Siriya aba ngabakonzi ku-Davide, asa imi-
nikelo. Kwa njalo UYEHOVA wamnceda u-
Davide apo kusukuba ebesiya kona. 7
Wayetabata u-Davide amakaka egolide
abepezu kwezicaka zika-Hadarezere, wa-
wazisa e-Yerusaleme. 8 Waye u-Davide
kanjalo wayisusa e-Tibehati, nase-Kune,
izixeko zika-Hadarezere, ixina, into enni-
nzi kakulu, owati u-Solomone wenza nga-
yo ulwandhle lwexina, nentsika, nempa-
hla zexina.

9 Kekaloku kwakuviwa ngu-Tohu uku-
mkani we-Hamati, ukuba u-Davide ubetile
wonke umkosi ka-Hadarezere ukumkani
we-Tsoba, 10 wandula wamtuma u-Hado-
rame unyana wake ukuya kukumkani u-
Davide, ukumbulisa, nokumtamsanqelisa,
ngennxa yokuba ebelwile ngakuye u-Hada-
rezere wambeta; (ngokuba u-Hadarezere
ebenzile imfazwe no-Tohu;) *watuma* nempa-
hla zonke zegolide, nezesilivere, nezexina.
11 Ezi nazo ukumkani u-Davide wazenza
ngcwele KUYEHOVA, kunye nesilivere nego-
lide abezisusile kuzo zonke inklanga: ku-
wo ama-Edome, nakuwo ama-Mowabi, na-
kulo usapo luka-Hamoni, nakuwo ama-
Filistiya, nakuwo ama-Amaleki.

12 Kanjako u-Abishai unyana ka-Tse-
ruya wabulala ama-Edome emhlanjeni
we-Tyuwa, amawaka alishumi elinesibozo.
13 Waza wazibeka ilali e-Edome; ada onke
ama-Edome aba ngabakonzi ku-Davide.

Kwa njalo UYEHOVA wamnceda u-Davide
apo kusukuba ebesiya kona. 14 Waye
u-Davide wapata ubukumkani pezu kwo-
Sirayeli bonke, wenzela bonke abantu
bake ubugwebo nobulungisa. 15 Keka-
loku u-Jowabi unyana ka-Tseruya ebe-
pezu kwomkosi; no-Yehoshafate unyana
ka-Ahilude ebengumkumbuzi; 16 kanja-
ko u-Tsadoki unyana ka-Ahitube, no-Abi-
meleki unyana ka-Abiyatare, bebengaba-
perisite; no-Shavisha ebengumbàli; 17 no-
Benaya unyana ka-Yoyada ebepezu kwaba-
Kereti naba-Peleti; nonyana baka-Davide
bebengabokuqala ngasesandhleni soku-
mkani.

19 KWAYE kute emveni kwoku, ukuba
u-Nahashe ukumkani wosapo luka-
Hamoni wabuba; waza unyana wako waba
ngukumkani esikundhleni sake. 2 Wa-
ndula wati u-Davide: Ndiya kwenza ubu-
bele ku-Hanune unyana ka-Nahashe, ngo-
kuba uyise ebesenza ububele kumi. Waza
u-Davide wasusa izigidimi ukuya kum-
kùza ngaye uyise wake. Zada zafika izi-
caka zika-Davide elizweni losapo luka-
Hamoni ku-Hanune, ukuza kumkùza. 3
Koko inkosana zosapo luka-Hamoni zati
ku-Hanune: u-Davide uyambeka na u-
yihlo emehlweni ako, ngokuba ebatumele
kuwe abakùzi? akungennxa yokuba ku-
pengululwe, kucitwe, kuhlolwe ilizwe,
ukuba izicaka zake zifikile kuwe kusi-
nina? 4 Ngako u-Hanune watabata izi-
caka zika-Davide, waziguya, wazitsheca
izivato zazo ngokuziqingatisa ematange-
ni, wazindulula. 5 Baza baya *abatile*
bamxelela u-Davide ngalamadoda. Wa-
ndula watuma ukuwakaulela; ngokuba
amadoda lawo ebehlazisiwe kakulu. Wa-
yesiti ukumkani: Hlalani e-Jeriko, zide
zikule indevu zenu, nandule nibuye.

6 Kekaloku lwakubona usapo luka-Ha-
moni ukuba lunukele u-Davide, wandula
watuma u-Hanune nosapo luka-Hamoni i-
waka letalente zesilivere, kuze kubaqeshe-
lwe innqwelwana nabakweli bamahashe
e-Mesopotami, nase-Siriya-mahaka, nase-
Tsoba. 7 Baza baziqeshela innqwelwana
zamawaka angamashumi matatu anamabini,
nokumkani we-Mahaka nabantu bake, abe-
zayo bati waca pambi kwe-Medeba: ka-
njalo usapo luka-Hamoni lwazihlanganisa
luvela ezixekweni zalo, lweza ukulwa.

8 Wati u-Davide akuva *oku*, watuma u-
Jowabi nawo wonke umkosi wamagora. 9
Lwaza lwapuma usapo luka-Hamoni lwa-
cwangcisela ukulwa ngasesangweni lesi-
xeko; kodwa okumkani abebezile bebebo-
dwa ngasendhle. 10 Wati u-Jowabi, aku-
bona ukuba ubuso bokulwa bungakuye,
ngapambili nangasemva, wanyula *abantu*
kubo bonke abanyuliweyo bakwa-Sirayeli,
wabacwangcisa ngakuwo ama-Siriya:
11 nesisalela sabantu wabanikela esa-
ndhleni sika-Abishai umninawe wake, aba-
becwangciswa ngakulo usapo luka-Hamo-
ni. 12 Wayesiti: Ukuba ama-Siriya ana-
mandhla pezu kwami, woza ukunceda
mina; kodwa ukuba usapo luka-Hamoni
lunamandhla pezu kwako, sendiya kunce-
da wena. 13 Yomelela, sizomelezele aba-
ntu betu nezixeko ZOTIXO wetu; NOYEHOVA



niversity of Fort Hare

makenze okulungileyo emehlweni ake.
14 Waza wasondela u-Jowabi, nabantu
abebenaye, ebusweni bama-Siriya, kuze
kuliwe; ada esaba pambi kwake. 15
Lwati lwakubona usapo luka-Hamoni u-
kuba ama-Siriya esabile, lwesaba nalo
pambi kwo-Abishai umninawe wake, lwa-
ngena esixekweni. Wandula u-Jowabi we-
za e-Yerusaleme.

16 Xeshekweni ama-Siriya abebona u-
kuba oyisiwe pambi kwama-Sirayeli, andu-
la atuma izigidimi, apumisa ama-Siriya
abepesheya kwomlambo; wati u-Shofaki,
inkosi yempi ka-Hadarezere, *waya* pambi
kwawo. 17 Kwati kwakuxelwa ku-Davide,
wahlanganisa onke ama-Sirayeli, wawela
i-Yoredane, weza pezu kwawo, waewangci-
sa ngakuwo. Xeshekweni u-Davide abe-
cwangcisile ngakuwo ama-Siriya, aza alwa
naye. 18 Kodwa ama-Siriya esaba pambi
kwama-Sirayeli; waza u-Davide wabulala
kuwo ama-Siriya *amadoda* ennqwelwana
ezingamawaka asixenxe, namadoda aha-
mbayo ngennyawo angamawaka amashu-
mi mane; wamfisa no-Shofaki inkosi
yempi. 19 Zati zakubona izicaka zika-
Hadarezere ukuba zoyisiwe pambi kwama-
Sirayeli, zenza uxolo no-Davide, zamko-
nza: aye ama-Siriya ebengavumi uku-
nceda usapo luka-Hamoni kanjako.

20 KWABEKUTE ekutwaseni kwom-
nyaka, ngexesha lokupuma kwabo o-
kumkani, wandula u-Jowabi wapuma nempi
yokulwa, watshabalalisa ilizwe losapo luka-
Hamoni, weza wavingcela i-Raba. Kodwa
u-Davide wasala e-Yerusaleme. Waza u-
Jowabi wabeta i-Raba, wayicita. 2 Waye
u-Davide wasusa isitsaba sokumkani walo
enklokweni yake, wasifumana siyitalente
yegolide ukuba nzima kwaso, sinamatye
anqabileyo kuso; saye *sibekwa* pezu kwen-
kloko ka-Davide: namaxoba esixeko wa-
wapumisa ngento enninzi kakulu: 3 na-
bantu abebekuso wabapumisa, wabasika
ngesara, nangezibulo zesincete, nangama-
zembe: wenje njalo ke u-Davide kuzo
zonke izixeko zosapo luka-Hamoni. Waza
u-Davide wabuyela e-Yerusaleme, nabo
bonke abantu.

4 Kwaye kute emveni kwoko, kwesuka
ukulwa e-Gezere ngakuwo ama-Filistiya:
okuya u-Sibekai, um-Husha, wambulala u-
Sipai, owenzalo ka-Rafa; aza atotyiswa
ko.

5 Kwabuya kwabako ukulwa nama-Fili-
stiya: waza u-Lehanane, unyana ka-
Yahire, wambulala u-Lami umzalwana
ka-Goliyate um-Gate, oluti lwentshuntshe
belunjengomti wabaluki.

6 Kwabuya kwabako ukulwa e-Gate:
kwaye kuko *kona* indoda ende, ineminwe
*namazwane* ayo ngesitandatu nangesita-
ndatu, amashumi mabini anesine; kwa
yona ibizalelwe kuma-Rafa nayo. 7 Xeshe-
kweni ibigxeka o-Sirayeli, wandula u-
Jonatane, unyana ka-Shimeha umzalwana
ka-Davide, wayibulala.

8 Aba bazalelwa kuma-Rafa e-Gate, ba-
wa ngesandhla sika-Davide, nangesandhla
sezicaka zake.

21 WAZA wapakama u-Satane ngakubo
o-Sirayeli, wamvusa u-Davide ukuba
abale abantu. 2 Wayesiti u-Davide ku-
Jowabi, nakwinkosi zabantu: Hambani,
niye nibale o-Sirayeli, kwa se-Beresheba
kude kube se-Dane, nilizise inani labo ku-
mi, ukuba ndilazi. 3 Waza wati u-Jo-
wabi: Makongeze UYEHOVA ebantwini bake,
*inani* elinjengokuba bengaka kube nga-
maxesha alikulu! *pofu*, nkosi yami, ku-
mkani! asi ngabo abazizicaka zenkosi
yami bonke na? kunganina ukuba ifuna
lento inkosi yami? kunganina ukuba ibe-
nzele o-Sirayeli ityala? 4 Kodwa ilizwi
lokumkani belinamandhla pezu kwelika-
Jowabi. Ngako wapuma u-Jowabi, waca-
nda kuyo yonke i-Sirayeli, wada weza e-
Yerusaleme. 5 Waza u-Jowabi wanika
inani lokubalwa kwabantu ku-Davide: ke-
kaloku o-Sirayeli bonke bebengamadoda
angamawaka aliwaka, anamawaka alikulu
ngapandhle, aberola irele; no-Juda bebe-
ngamadoda angamawaka angamakulu ma-
ne anamashumi asixenxe, aberola irele. 6
Kodwa o-Levi no-Benjamine akababala
pakati kwabo: ngokuba ilizwi lokumkani
belitiyeka ku-Jowabi.

7 Lendawo ibikohlakele emehlweni KA-
TIXO; ngako wabeta o-Sirayeli. 8 Waza
wati u-Davide KUTIXO: Ndonile kakulu,
ukuba ndiyenzile lento; kodwa kaloku,
zukwelelise inkohlakalo yesicaka sako,
ngokuba ndenzile ngobudenge kakulu.

9 Wandula wateta UYEHOVA ku-Gadi,
umboni ka-Davide, esiti: 10 Hamba, uye
utete ku-Davide, usiti: Utsho UYEHOVA u-
kuti: *Izinto* ezintatu ndiyazaneka pambi
kwako; zinyulele ibe 'nnye kuzo, ukuba



University of Fort Hare
Together in Excellence

ndiyenze kuwe. 11 Wasuka weza u-Gadi
ku-Davide, wati kuye : Utsho UYEHOVA
ukuti: Ziqashele ke: 12 ibe yiminyaka
mitatu yendhlala na ? umhlaumbi zibe zin-
nyanga ezintatu zokubujiswa na pambi
kwentshaba zako, nxa irele lentshaba zako
likufumanayo ? umhlaumbi ibe yimihla
mitatu ekuya kubako irele LIKAYEHOVA,
kwa isifo esibubisayo, elizweni, nengelosi
KAYEHOVA itshabalalisa kuyo yonke imida
yakwa-Sirayeli kusinina? Ngako kaloku,
gqala lelinina ilizwi endiya kulibuyisela
konditumileyo. 13 Waza u-Davide wati
ku-Gadi : Ndixakekile kakulu ; makendi-
we esandhleni SIKAYEHOVA, ngokuba izi-
bele zake zininzi kakulu ; mandingawi
esandhleni sabantu.

14 Ngako UYEHOVA watuma isifo esibu-
bisayo kwa-Sirayeli; aza awa ko-Sirayeli
amadoda angamawaka angamashumi asi-
xenxe. 15 Waye UTIXO wasusa ingelosi
ukuya e-Yerusaleme ukuba iyitshabalalise :
kekaloku nxa ibisatshabalalisa yona, wa-
kangela UYEHOVA, waba nosizi pezu kwo-
bubi obo, wati kuyo ingelosi ebitshabala-
lisa : Kwanele ; yekisa kaloku isandhla
sako. Yati ingelosi KAYEHOVA yema
ngasesibayeni sokubula sika-Orenane um-
Yebusi. 16 Waza u-Davide wapakamisa
amehlo ake, wabona ingelosi KAYEHOVA imi
pakati kwomhlaba nezulu, inalo irele eli-
roliweyo esandhleni sayo lolukile pezu
kwe -Yerusaleme. Kwandula kwawa u-
Davide, nabadala begujungelwe ngenkla-
kanklaka, ngobuso babo. 17 Wayesiti u-
Davide KUTIXO : Asi ndimi na owati maku-
balwe abantu? ndimi onguye owonileyo
nowenzileyo ngokukohlakeleyo kakulu ;
kodwa igusha ezi, yinto nina ziyenzileyo?
YEHOVA, TIXO wami! isandhla sako make-
sibe ngakumi, nangakuyo indhlu kabawo,
singabi ngakubo abantu bako sibe sisibu-
lalo.

18 Yandula ingelosi KAYEHOVA yamxe-
lela u-Gadi ukuti ku-Davide, ukuba enyu-
ke u-Davide, amisele UYEHOVA isibingelo
esibayeni sokubula sika-Orenane um-Yebu-
si. 19 Waza wenyuka u-Davide ngelizwi
lika-Gadi, owabelitetile egameni LIKAYE-
HOVA. 20 Wati akujika u-Orenane, wabona
ingelosi ; bati onyana bake bobane, abebe-
naye, bazimela : kekaloku u-Orenane ebe-
bula innqolowa. 21 Nxa u-Davide abe-
siza ku-Orenane, wakangela u-Orenane
wambona u-Davide, wapuma esibayeni so-
kubula, wazitoba pambi kwo-Davide ngo-
buso ngasemhlabeni. 22 Wayesiti u-Da-
vide ku-Orenane : Ndinike indawo yesi-
baya sokubula, ukuba ndakele UYEHOVA
isibingelo kuyo ; ngennxa yemali ezalise-
kileyo woyinika 'kumi ; ukuze kuuqamke
esisibulalo ebantwini. 23 Waza wati u-
Orenane ku-Davide : Yitabatele kuwe, ize
yenze inkosi yami ukumkani okulungileyo
emehlweni ayo : kangela, ndiyanika inka-
bi zibe ngamadini okutshiswa, nennqwe-
lwana zokubula zibe zinkuni, nennqolowa
ibe ngumnikelo wokutya ; konke ndiya-
kunika. 24 Kodwa ukumkani u-Davide
wati ku-Orenane : Hai ; koko ndiya kuyi-
tenga ngennyaniso ngemali ezalisekileyo :
ngokuba ndingayi kutabatela UYEHOVA o-
kukokwako, ndiwanikele amadini okutshi-
swa angamelwanga 'nto. 25 Kwa njalo
u-Davide wamnika u-Orenane ngennxa ya-
londawo ishekele zegolide zamakulu ma-
tandatu ngesilinganiswa. 26 Waza u-Da-
vide wakela kona isibingelo KUYEHOVA,
wanikela amadini okutshiswa neminikelo
yoxolo, wabiza KUYEHOVA, owampendula
ngomlilo uvela ezulwini pezu kwesibinge-
lo sedini lokutshiswa. 27 Waye UYEHOVA
kanjalo waxelela ingelosi, yaza yabuya ya-
faka irele layo esinxobeni salo.

28 Kwa ngeloxesha, akubona u-Davide
ukuba UYEHOVA ebempendule esibayeni so-
kubula sika-Orenane um-Yebusi, wandula
wabingelela kona. 29 Ngokuba itabana-
kele KAYEHOVA, owayenzayo u-Mosesi en-
klango, nesibingelo sedini lokutshiswa,
ngexesha elo, bezisendaweni epakamileyo
e-Gibeyone. 30 Kodwa wakohlwa u-Davide
ukuya pambi kwayo, ukuze afune UTIXO;
ngokuba ebenokwoyika ngennxa yerele
lengelosi KAYEHOVA.

22 Waza wati u-Davide : Yiyo le indhlu
KAYEHOVA ONGUTIXO, siso esi isibingelo
sedini lokutshiswa ko-Sirayeli.

2 KEKALOKU waxela u-Davide ukuba
kuhlanganiswe bonke abasemzini abaseli-
zweni lakwa-Sirayeli ; waza wamisa aba
bazi ukuba babaze amatye aqandulweyo,
kuze kwakiwe indhlu KATIXO. 3 Walu-
ngisa u-Davide nesincete, ngento enninzi,
sibe sesezikonkwane zengcango zamasa-
ngo, nesezibandakanyiso ; nexina, ngento
enninzi, engenakulinganiswa ; 4 nemiti
yesedare engenakubalwa : ngokuba ama-
Tsidone nama-Tire ebezisile into enninzi



University of Fort Hare
Together in Excellence

yemiti yesedare ku-Davide. 5 Wayesiti u-
Davide: u-Solomone unyana wami ungum-
fana, utambile; kanti indhlu eya kwake-
lwa UYEHOVA iya kwenziwa nkulu ngento
egqitiseleyo, ibe nodumo nobungcwalisa
kuwo onke amazwe; ndiya kumlungisela
ke. Kwa njalo u-Davide walungisa ngento
enninzi engekafi.

6 Waza wambiza u-Solomone unyana
wake, wamyalela ukuba akele UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, indhlu. 7 Wayesiti u-
Davide ku-Solomone: Nyana wami! mi-
na ke, bekusenkliziyweni yami ukwakela
igama LIKAYEHOVA, UTIXO wami, indhlu; 8
kodwa ilizwi LIKAYEHOVA leza kumi, lisiti:
Igazi ulipalazile ngokuninzi, nemfazwe e-
zinkulu uzenzile; akuyi kwakela igama
lami indhlu, ngokuba igazi elininzi ulipa-
lazile emhlabeni ebusweni bami. 9 Bo-
na ke, uya kuzalelwa unyana, oya kuba
yindoda yokupumla; ndandiya kumnika
ukupumla kuzo zonke intshaba zake ezi-
ngqongayo: ngokuba igama lake liya
kuba ngu-Solomone,* ndandiya kunika u-
xolo nokwonwaba ko-Sirayeli emihleni
yake. 10 Nguye oya kwakela igama lami
indhlu; yena woba ngunyana kumi, nami
*ndoba* nguyise kuye; ndandiya kuqinisa
iterone yobukumkani bake pezu kwo-Sira-
yeli kude kube ngunapakade. 11 Kaloku,
nyana wami! wanga UYEHOVA angaba na-
we; uze utamsanqeleke, wake indhlu KA-
YEHOVA, UTIXO wako, njengoko akuteti-
leyo ngawe. 12 Makati kodwa UYEHOVA
akunike ubulumko nokuqonda, akumise
pezu kwo-Sirayeli; uze uwugcine umteto
KAYEHOVA, UTIXO wako. 13 Oko uya kuta-
msanqeleka, nxa ulumkela ukwenza izimi-
selo nezigwebo, owati UYEHOVA wamyalela
u-Mosesi ngazo pezu kwo-Sirayeli: yome-
lela, ukalipe; ungoyiki, ungatuswa noku-
tuswa.

14 Bona ke, ebunzimeni bami, ndilungi-
sele indhlu KAYEHOVA italente zegolide
ezingamawaka alikulu, netalente zesilivere
ezingamawaka aliwaka; nexina nesincete
ngento engenakulinganiswa, ngokuba zi-
zonke *ezonto:* ndilungisile nemiti namatye;
ungati wena wongezelele kuzo. 15 Kanjako
bako nawe abasebenzi ngobuninzi, ababa-
zi, nenncibi zamatye, nezemiti, nabo bonke
abalumkileyo emisebenzini yonke. 16
Igolide, isilivere, nexina, nesincete, azina-
kubalwa: suka, wenze, aze ange angaba
nawe UYEHOVA.

17 Kanjako u-Davide wayalela zonke
inkosi zakwa-Sirayeli ukuba zimncede u-
Solomone unyana wake, *esiti:* 18 UYEHO-
VA, UTIXO wenu, akanani na? akanipumza-
nga ngamacala onke na? ngokuba abemi
belizwe ebanikile esandhleni sami; ka-
njalo ilizwe loyisiwe pambi KWOYEHOVA,
napambi kwabantu bake. 19 Kaloku be-
kisani inkliziyo yenu nompefumlo wenu
ukumfuna UYEHOVA, UTIXO wenu, nize nisu-
ke, niyake indawo eyingcwele KAYEHOVA
ONGUTIXO, kuze kuziswe ityeya yocebano
LUKAYEHOVA, nempahla ezingcwele ZIKA-
TIXO, kulondhlu eya kwakelwa igama LIKA-
YEHOVA.

23 WATI u-Davide, nxa abemdala,
ekolisile ukuba nemihla, wamenza
u-Solomone unyana wake ukumkani pezu
kwo-Sirayeli.

2 WAZA wahlanganisa zonke inkosi
zakwa-Sirayeli, nabaperisite, naba-Levi.
3 Kekaloku aba-Levi bebebalwa abami-
nyaka imashumi matatu nabapezulu ubu-
dala babo; nenani labo, ngabanye nga-
banye, ngamadoda ngamadoda, belinga-
mawaka angamashumi matatu anesibozo.
4 Kubo aba, amawaka angamashumi
mabini anamane ongama umsebenzi wen-
dhlu KAYEHOVA; namawaka matandatu
ebengamagosa nabagwebi: 5 kanjalo ama-
waka mane ebengabalindimnyango; na-
mawaka akwa mane amdumisa UYEHOVA
ngeziculiso endizenzileyo, *watsho u-Davide,*
kuze kudunyiswe.

6 Kanjalo u-Davide wabahlulahlula eza-
hlulweni, ngabo onyana baka-Levi, u-Gere-
shone, *no*-Kohati, no-Merari.

7 Abama-Gereshone: ngu-Lahadane,
no-Shimehi. 8 Onyana baka-Lahadane:
ngu-Yehili owokuqala, no-Zetame, no-
Joweli, abatatu. 9 Onyana baka-Shimehi:
ngu-Shelomiti, no-Haziyeli, no-Harane,
abatatu. Aba bebezinkloko *zendhlu* zoyise
zika-Lahadane. 10 Nonyana baka-Shi-
mehi: ngu-Yahati, no-Zina, no-Yehushe,
no-Beriha: aba bebengonyana baka-Shi-
mehi, abane. 11 U-Yahati ebengowoku-
qala, no-Ziza ebengowesibini: kodwa u-
Yehushe no-Beriha bebengenonyana aba-
ninzi bona; ngako bebeyindhlu yoyise
ngokubalwa kunye.

* *Oko kukuti:* Oxolileyo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

12 Onyana baka-Kohati: ngu-Hamera-
me, no-Yitsare, no-Hebrone, no-Huziyeli,
abane. 13 Onyana baka-Hamerame: ngu-
Arone, no-Mosesi. Waye u-Arone ebesa-
hlulelwa ukungcwalisa izinto ezingcwele
kakulu, yena nonyana bake, kude kube
ngunapakade, ukuqumisa pambi KWOYE-
HOVA, ukumkonza, nokutamsanqelisa nge-
gama lake, kude kube ngunapakade. 14
No-Mosesi, indoda KATIXO, onyana bake
bebebizwa pakati kwesizwe sika-Levi.
15 Onyana baka-Mosesi: ngu-Gereshome,
no-Eliyezeri. 16 Onyana baka-Gereshome:
u-Shebuyeli ebengoyinkloko. 17 Onyana
baka-Eliyezeri bebe*ngaba*: u-Rehabiya
ebengoyinkloko. Wayengenabanye onyana
u-Eleyezeri; kodwa onyana baka-Rehabiya
baba baninzi kunene. 18 Onyana baka-
Yitsare: u-Shelomiti ebengoyinkloko. 19
Onyana baka-Hebrone: u-Jeriya ebengo-
wokuqala, u-Amariya ebengowesibini, u-
Yahaziyeli ebengowesitatu, no-Yekamame
ebengowesine. 20 Onyana baka-Huziyeli:
u-Mika ebengowokuqala, no-Yishiya ebe-
ngowesibini.

21 Onyana baka-Merari: ngu-Mahali,
no-Mushi. Onyana baka-Mahali: ngu-
Elezari, no-Kishe. 22 Wafa u-Elezari,
ebengenabo onyana, wanazo intombi ku-
pela; baza onyana baka-Kishe, abazalwana
bazo, bazizeka. 23 Onyana baka-Mushi:
ngu-Mahali, no-Hedere, no-Jeremote, aba-
tatu.

24 Aba bangonyana baka-Levi, ngen-
dhlu zoyise zabo; abazinkloko *zendhlu*
zoyise, ngokubalwa kwabo enanini lama-
gama ngabanye ngabanye, abawenzayo
umsebenzi wenkonzo yayo indhlu KAYEHO-
VA, beyiminyaka imashumi mabini nape-
zulu ubudala babo. 25 Ngokuba ebete
u-Davide: UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
ubapumzile abantu bako, waeya kuhlala
e-Yerusaleme kude kube ngunapakade:
26 nakanjako ngaba-Levi: Mabangabi
senokutwala itabanakele, nazo zonke impa-
hla zayo ezizezenkonzo yayo. 27 Ngokuba
ngawokupela amazwi ka-Davide bebebalwa
aba-Levi, abaminyaka imashumi mabini
nabapezulu ubudala babo: 28 ngokuba
indawo yokuma yabo ibingasesandhleni
sonyana baka-Arone enkonzweni yendhlu
KAYEHOVA, babe pezu kwawo amabala, na-
pezu kwazo inkambili, napezu kwokuhla-
njululwa kwezinto zonke ezingcwele,
nomsebenzi wenkonzo yayo indhlu KATIXO;
29 kwa owezonka zokurozwa, nowomgubo
ocolekileyo womnikelo wokudhla, nowe-
zonkana ezingenagwelo, *nowokwojiwayo*
elukambeni, nowokunyakanyisiweyo *ngeoli*,
nowako konke ukulinganisa nangobuninzi
nangobude; 30 nokuba beme imiso nge-
miso ukumbulela nokumdumisa UYEHOVA,
nangokuhlwa kanjako; 31 nokuba banikele
KUYEHOVA onke amadini okutshiswa, nge-
mihla yesabata, ngennyanga ezitwasileyo,
nangemitendeleko emisiweyo, ngenani,
njengesiko elipezu kwabo, futi pambi
kwake UYEHOVA; 32 nokuba bagcine isi-
gcinelo sentente yenklangano, nesigcinelo
seyingcwele *indawo*, nesigcinelo sonyana
baka-Arone abazalwana babo, enkonzweni
yendhlu KAYEHOVA.

24 NANGABO onyana baka-Arone, iza-
hlulo zabo. Onyana baka-Arone:
ngu-Nadabi, no-Abihu, no-Elezari, no-Yita-
mare. 2 Wafa kodwa u-Nadabi, no-Abihu,
ngapambili kuyise wabo; baye bengenabo
abantwana: ngako u-Elezari no-Yitamare
bakonza ngobuperisite. 3 Wabahlula-
hlula u-Davide, no-Tsadoki konyana baka-
Elezari, no-Ahimeleki konyana baka-Yi-
tamare, ngobongama babo enkonzweni
yabo.

4 Kekaloku onyana baka-Elezari bebe-
funyanwa benamadoda azinkloko amaninzi
kwawonyana baka-Yitamare, nxa babahlu-
layo: pakati kwonyana baka-Elezari bebe-
lishumi elinesitandatu abazinkloko zendhlu
zoyise, napakati kwonyana baka-Yitamare,
ngendhlu zoyise zabo, bebesibozo. 5 Baza
bahlulwa ngamaqashiso, aba kunye nabaya:
ngokuba abapati beyingcwele *indawo*, na-
bapati *bendhlu* KATIXO, bebengabonyana
baka-Elezari nabonyana baka-Yitamare.

6 Waye u-Shemaya unyana ka-Neta-
neli umbàli, owaba-Levi, wababàla pambi
kwokumkani, nenkosi, no-Tsadoki umperi-
site, no-Ahimeleki unyana ka-Abiyatare,
nabazinkloko *zendhlu* zoyise pakati kwaba-
perisite napakati kwaba-Levi: ennye
indhlu yoyise yacatshulelwa u-Elezari,
nennye yacatshulelwa u-Yitamare.

7 Elokuqala iqashiso lapumela ku-Yoya-
ribe, elesibini ku-Yedaya, 8 elesitatu ku-
Harime, elesine ku-Sehorime, 9 elesihlanu
ku-Malekiya, elesitandatu ku-Miyamine,
10 elesixenxe ku-Hakotse, elesibozo ku-
Abiya, 11 elesitoba ku-Yoshuwa, eleshumi
ku-Shekaniya, 12 eleshumi linesinye ku-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Eliyashibe, eleshumi linesibini ku-Yakime,
13 eleshumi linesitatu ku-Hupa, eleshumi
linesine ku-Yeshebabi, 14 eleshumi linesi-
hlanu ku-Bilega, eleshumi linesitandatu
ku-Yimeri, 15 eleshumi linesixenxe ku-
Hezire, eleshumi linesibozo ku-Hapitsetse,
16 eleshumi linetoba ku-Petahiya, elama-
shumi mabini ku-Hezekile, 17 elama-
shumi mabini enesinye ku-Yakine, ela-
mashumi mabini enesibini ku-Gamule,
18 elamashumi mabini enesitatu ku-Dela-
ya, elamashumi mabini enesine ku-Maha-
ziya.
19 Aba ubongama babo enkonzweni
yabo bebubobokuba beze endhlwini KAYE-
HOVA njengesiko labo, ngesimiselo sika-
Arone uyise wabo, njengokuba ebemyalele
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli.
20 Nabonyana baka-Levi abaseleyo:
abonyana baka-Hamerame; ngu-Shuba-
weli: abonyana baka-Shubaweli; ngu-
Jedeya. 21 Abaka-Rehabiya: abonyana
baka-Rehabiya; oyinkloko ngu-Yishiya.
22 Abama-Yitsare; ngu-Shelomote: abo-
nyana baka-Shelomote; ngu-Yahati. 23
Nonyana *baka-Hebrone:* u-Jeriya *ebengowo-
kuqala*, u-Amariya ebengowesibini, u-Yaha-
ziyeli ebengowesitatu, u-Yekamame ebe-
ngowesine. 24 Onyana baka-Huziyeli;
ngu-Mika; abonyana baka-Mika; ngu-
Shamire. 25 Umninawe ka-Mika ebengu-
Yishiya: abonyana baka-Yishiya; ngu-
Zekariya. 26 Onyana baka-Merari; ngu-
Mahali, no-Mushi. Onyana baka-Yaziya;
ngu-Beno. 27 Onyana baka-Merari ngo-
Yaziya; ngu-Beno, no-Shohame, no-
Zakure, no-Hiberi. 28 Oka-Mahali ebengu-
Elezari, obengenabo onyana. 29 Abaka-
Kishe: onyana baka-Kishe; ngu-Jeramele.
30 Nonyana baka-Mushi: ngu-Mahali, no-
Hedere, no-Jerimote. Aba bebengonyana
baba-Levi, ngendhlu zoyise zabo. 31 Ba-
wawisa amaqashiso nabo, kwa njengabo
nabazalwana babo onyana baka-Arone,
ebusweni buka-Davide ukumkani, no-
Tsadoki, no-Ahimeleki, nabazinkloko
*zendhlu* zoyise pakati kwabaperisite napa-
kati kwaba-Levi, abazinkloko *zendhlu*
zoyise kwa kunye nabaninawe babo.

25 KANJAKO u-Davide nenkosi zomkosi
bahlulela enkonzweni onyana baka-
Safa, nabaka-Hemani, nabaka-Jedutune,
abaya kuprofitesha ngehadi, *na*ngenebele,
nangesimbali: nali inani lawo amadoda
omsebenzi *lowo* ngenkonzo yawo: 2 Abo-
nyana baka-Safa: ngu-Zakure, no-Josefe,
no-Netaniya, no-Asharela, onyana baka-
Safa, ngapantsi kwesandhla sika-Safa,
owaprofiteshayo ngapantsi kwezandhla
zokumkani. 3 Abaka-Jedutune: onyana
baka-Jedutune; ngu-Gedaliya, no-Tseri,
no-Yisaya, *no-Shimehi*, *no*-Hashabiya, no-
Matitiya, abatandatu, ngapantsi kweza-
ndhla zoyise babo u-Jedutune, owaprofi-
tesha ngohadi ekumbuleleni nasekumdumi-
seni UYEHOVA. 4 Abaka-Hemani: abonyana
baka-Hemani; ngu-Bukiya, *no*-Mataniya,
*no*-Huziyeli, *no*-Shebuweli, no-Jerimote,
*no*-Hananiya, *no*-Hanani, *no*-Eliyata, *no*-
Gidelati, no-Romamti-hezero, *no*-Yoshebe-
kasha, *no*-Maloti, *no*-Hotire, *no*-Mahaziyote:
5 bonke aba bebengonyana baka-Hemani,
umboni wokumkani emazwini KATIXO,
ukupakamisa *ilizwi* lopondo. Waye UTIXO
ebemnikile u-Hemani onyana balishumi
linesine, nentombi zantatu. 6 Bonke aba
bebengapantsi kwezandhla zoyise babo
ekuculeni endhlwini KAYEHOVA, ngazo
isimbali, *n*enebele, nehadi, ngennxa yen-
konzo yendhlu KATIXO, ngapantsi kwe-
zandhla zokumkani, *no*-Safa, no-Jedutune,
no-Hemani. 7 Nenani labo, kunye naba-
zalwana babo abebefundisiwe amaculo KA-
YEHOVA, bonke abebenokuqonda, belinga-
makulu mabini anamashumi asibozo anesi-
bozo ngapandhle.
8 Kananjalo bawisa amaqashiso, umva-
rasho malungana *nomvarasho*, kwa na-
bancinane nabakulu, onokuqonda kunye
nomfundi. 9 Elokuqala iqashiso lapu-
mela ku-Safa, ku-Josefe: elesibini ku-
Gedaliya; yena, nabazalwana bake, no-
nyana bake, bebelishumi elinesibini: 10
elesitatu ku-Zakure; *yena*, *no*nyana bake,
nabazalwana bake, bebelishumi elinesibi-
ni: 11 elesine ku-Yitseri; *yena*, *no*nyana
bake, nabazalwana bake, bebelishumi
elinesibini: 12 elesihlanu ku-Netaniya;
*yena*, *no*nyana bake, nabazalwana bake,
bebelishumi elinesibini: 13 elesitandatu
ku-Bukiya; *yena*, *no*nyana bake, nabaza-
lwana bake, bebelishumi elinesibini: 14
elesixenxe ku-Yesharela; *yena*, *no*nyana
bake, nabazalwana bake, bebelishumi eli-
nesibini: 15 elesibozo ku-Yisaya; *yena*,
*no*nyana bake, nabazalwana bake, bebeli-
shumi elinesibini: 16 elesitoba ku-Mata-
niya; *yena*, *no*nyana bake, nabazalwana
bake, bebelishumi elinesibini: 17 eleshumi



University of Fort Hare

ku-Shimehi ; *yena*, *no*nyana bake, nabaza-
lwana bake, bebelishumi elinesibini : 18
eleshumi linesinye ku-Hazareli ; *yena*,
*no*nyana bake, nabazalwana bake, bebeli-
shumi elinesibini : 19 eleshumi linesibini
ku-Hashabiya ; *yena*, *no*nyana bake, naba-
zalwana bake, bebelishumi elinesibini :
20 eleshumi linesitatu ku - Shubaweli ;
*yena*, *no*nyana bake, nabazalwana bake,
bebelishumi elinesibini : 21 eleshumi line-
sine ku - Matitiya ; *yena*, *no*nyana bake,
nabazalwana bake, bebelishumi elinesibi-
ni : 22 eleshumi linesihlanu ku-Jeremote ;
*yena*, *no*nyana bake, nabazalwana bake,
bebelishumi elinesibini : 23 eleshumi line-
sitandatu ku - Hananiya ; *yena*, *no*nyana
bake, nabazalwana bake, bebelishumi eli-
nesibini : 24 eleshumi linesixenxe ku-
Yoshebekasha ; *yena*, *no*nyana bake, naba-
zalwana bake, bebelishumi elinesibini :
25 eleshumi linesibozo ku-Hanani ; *yena*,
*no*nyana bake, nabazalwana bake, bebeli-
shumi elinesibini : 26 eleshumi linetoba
ku - Maloti ; *yena*, *no*nyana bake, naba-
zalwana bake, bebelishumi elinesibini :
27 elamashumi mabini ku-Eliyata ; *yena*,
*no*nyana bake, nabazalwana bake, bebeli-
shumi elinesibini : 28 elamashumi mabini
anesinye ku-Hotire ; *yena*, *no*nyana bake,
nabazalwana bake, bebelishumi elinesibini :
29 elamashumi mabini anesibini ku-Gide-
lati ; *yena*, *no*nyana bake, nabazalwana
bake, bebelishumi elinesibini : 30 elama-
shumi mabini anesitatu ku - Mahaziyote ;
*yena*, *no*nyana bake, nabazalwana bake,
bebelishumi elinesibini : 31 elamashumi
mabini anesine ku-Romamti-hezere ; *yena*,
*no*nyana bake, nabazalwana bake, bebeli-
shumi elinesibini.

26 NGAZO izahlulo zabalindimnyango :
ngawo ama-Kora : u-Meshelemiya,
unyana ka-Kore, owakubo onyana baka-
Safa. 2 Waye u-Meshelemiya ebenabo
onyana : u-Zekariya ebengowamazibulo ; u-
Yedaheli ebengowesibini ; u-Zebadiya ebe-
ngowesitatu ; u-Yateneli ebengowesine ; 3
u-Helami ebengowesihlanu ; u-Jehohanane
ebengowesitandatu ; u - Eliwenai ebengo-
wesixenxe. 4 Kanjalo u - Obedi - edome
ebenonyana : u - Shemaya ebengowamazi-
bulo ; u-Yehozabadi ebengowesibini ; u-
Jowahi ebengowesitatu ; no-Sakare ebe-
ngowesine ; no - Netaneli ebengowesihla-
nu ; 5 u - Hamiyeli ebengowesitandatu ;
u-Yisakare ebengowesixenxe ; u-Pehuletai
ebengowesibozo : ngokuba UTIXO ebemta-
msanqele. 6 No-Shemaya unyana wake
bekumzalelwe onyana, abebenobukosi
kwindhlu yoyise wabo, ngokuba bebenga-
maroti akalipileyo bona. 7 Onyana baka-
Shemaya : ngu-Hoteni, no-Refali, no-Obedi,
*no*-Lezabadi, obazalwana bebengamadoda
akalipileyo, u-Elihu, no-Semakiya. 8 Aba
bonke bebengabakubo onyana baka-Obedi-
edome ; bona, nonyana babo, nabazalwana
babo, amadoda akalipileyo enamandhla
enkonzweni ; bebengamashumi matandatu
anesibini abaka-Obedi-edome. 9 Kekaloku
u-Meshelemiya ebenonyana nabazalwana,
amadoda akalipileyo, ishumi elinesibozo.
10 No-Hosa, owakubo onyana baka-Merari,
ebenabo onyana : ngu-Shimri oyinkloko ;
(nakuba ebengenguye owamazibulo, uyise
wammisela noko ukuba abe ngoyinkloko ;)
11 ngu-Hilikiya owesibini ; ngu-Tebaliya
owesitatu ; ngu-Zekariya owesine : bonke
onyana nabazalwana baka-Hosa bebelishu-
mi elinesitatu.

12 Zizo ezi izahlulo zabalindimnyango,
amadoda azinkloko, abalindi kwa kunye
nabazalwana babo, kuze kukonzwe e-
ndhlwini KAYEHOVA. 13 Baye bewisa ama-
qashiso, kwa nabancinane nabakulu,
ngendhlu zoyise zabo, ngesango ngesango.
14 Lati iqashiso lasempumalanga lawa
ku-Shelemiya. Kanjalo u-Zekariya unyana
wake, umcebisi olumkileyo, bamwisela
amaqashiso ; laza lapuma iqashiso lake
ngasenode. 15 Elika-Obedi-edome *lapuma*
ngasesuyide ; elonyana bake *lapumela* in-
dhlu ye-Apusime. 16 U-Shupime no-Hosa
*labapumela* ngasentshonalanga, kunye ne-
sango le - Shalekete, ngasendhleleni epa-
kamileyo yokunyuka, umvarasho malu-
ngana nomvarasho. 17 Ngasempumalanga
bekuko aba-Levi abatandatu ; ngasenode
bebebane imihla ngemihla ; ngasesuyide
bebebane imihla ngemihla ; nangase-
Asupime bebengababini ngababini. 18
E - Pabari ngasentshonalanga, bebebane
ngasendhleleni epakamileyo, *na*babini e-
Pabari. 19 Zezi izahlulo zabalindimnya-
ngo pakati kwonyana bama-Kora napakati
kwonyana baka-Merari.

20 Kekaloku aba-Levi : u-Abiya ebe-
pezu kwendyebo zendhlu KATIXO, napezu
kwendyebo zezinto ezingcwele. 21 Onya-
na baka-Lahadane, onyana bom-Gereshone,
abaka - Lahadane, inkloko *zendhlu* zoyise



University of Fort Hare
Together in Excellence

zika-Ladane um-Gereshone: u-Yehili. 22 Onyana baka-Yehili: ngu-Zetame, no-Joweli umninawe wake; *aba* bebepezu kwendyebo zendhlu KAYEHOVA. 23 Kekaloku ama-Hamerame, ama-Yitsare, ama-Hebrone, *n*ama-Huziyeli: 24 u-Shebuweli, unyana ka-Gereshome, unyana ka-Mosesi, ebengumpati pezu kwendyebo. 25 Nabazalwana bake ngo-Eliyezeri: u-Rehabiya ebengunyana wake; u-Yisaya ebengunyana wake; u-Yorame ebengunyana wake; u-Zikeri ebengunyana wake; u-Shelomiti ebengunyana wake. 26 U-Shelomiti lowo nabazalwana bake bebepezu kwazo zonke indyebo zezinto ezingcwele, ezibe zenziwe ngcwele ngu-Davide ukumkani, nabazinkloko *zendhlu* zoyise, nenkosi zamawaka nezamakulu, nenkosi zomkosi. 27 (Kokwemfazwe nakokwamaxoba bekwenziwe ngcwele ngabo ukulungisa indhlu KAYEHOVA.) 28 Kanjalo konke wakwenza ngcwele u-Samyali umboni, no-Saule unyana ka-Kishe, no-Abenere unyana ka-Nere, no-Jowabi unyana ka-Tseruya; konke okube kwenziwe ngcwele, bekupantsi kwesandhla sika-Shelomiti nabazalwana bake.

29 Pakati kwama-Yitsare, u-Kenaniya nonyana bake bebepezu kwomsebenzi wapandhle kwa-Sirayeli, ukuba ngamagosa nabagwebi. 30 Pakati kwama-Hebrone, u-Hashabiya nabazalwana bake, amadoda akalipileyo, iwaka linamakulu asixenxe, bebepezu kwobongama bakwa-Sirayeli nganeno kwe-Yoredane ngasentshonalanga, ngawo wonke umsebenzi KAYEHOVA, nangayo inkonzo yokumkani. 31 Pakati kwama-Hebrone u-Jeriya ebengoyinkloko; (kekaloku ama-Hebrone, ngezizukulwana zawo, ng*endhlu* zoyise, ngomnyaka wamashumi mane wobukumkani buka-Davide, afunwa ke, kwaza kwafunyanwa pakati kwawo, amaroti akalipileyo e-Yahezere yase-Gileyadi;) 32 nabazalwana bake, amadoda akalipileyo, bebengamawaka mabini anamakulu asixenxe abazinkloko *zendhlu* zoyise; owati u-Davide ukumkani wabenza abongama pezu kwama-Rubene, nama-Gadi, nesiqingata sesizwe sika-Manase, ngazo zonke indawo ZIKATIXO, nangendawo zokumkani.

27 KEKALOKU usapo luka-Sirayeli ngenani lalo, inkloko *zendhlu* zoyise, nenkosi zamawaka nezamakulu, namagosa alo abemkonza ukumkani ngazo zonke indawo zezahlulo, ezangena zapuma nokupuma innyanga ngennyanga, ngazo zonke innyanga zomnyaka: ezizahlulo *amadoda* esinye ngesinye ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 2 Pezu kwesahlulo sokuqala, ngennyanga yokuqala, ebengu-Yashobame unyana ka-Zabideli; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane: 3 *yena ebengo*wosapo luka-Faretse, eyinkloko pezu kwazo zonke inkosi zemikosi ngeyokuqala innyanga. 4 Napezu kwesahlulo sennyanga yesibini, ebengu-Dodai um-Ahoha; na*pezu* kwesahlulo sake wabengumpati no-Mikelote; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 5 Eyesitatu inkosi yomkosi, ngennyanga yesitatu, ibingu-Benaya unyana ka-Yoyada, inene elikulu; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane: 6 u-Benaya lo ebeligora pakati kwabamashumi matatu, epezu kwabamashumi matatu kanjako; na*pezu* kwesahlulo sake wabengu-Hamizabadi unyana wake. 7 Eyesine, ngennyanga yesine, ibingu-Hasaheli umninawe ka-Jowabi, no-Zebadiya unyana wake emva kwake; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 8 Eyesihlanu inkosi, ngennyanga yesihlanu, ibingu-Shamehute um-Yizera; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 9 Eyesitandatu, ngennyanga yesitandatu, ibingu-Hira unyana ka-Hikeshe, um-Tekoha; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 10 Eyesixenxe, ngennyanga yesixenxe, ibingu-Heletse um-Peloni, owosapo luka-Frayime; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 11 Eyesibozo, ngennyanga yesibozo, ibingu-Sibekai um-Husha, owama-Zera; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 12 Eyesitoba, ngennyanga yesitoba, ibingu-Abihezere um-Hanatote, owama-Benjamine; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 13 Eyeshumi, ngennyanga yeshumi, ibingu-Maharai um-Netofati, owama-Zera; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 14 Eyeshumi linesinye, ngeyeshumi linesinye innyanga, ibingu-Benaya um-Piratone, owosapo luka-Frayime; nakuso isahlulo sake ebengamawaka angamashumi mabini anamane. 15 Eyeshumi



University of Fort Hare
Together in Excellence

linesibini, ngeyeshumi linesibini innyanga,
ibingu-Heledai um-Netofati, owama-Hoti-
neli; nakuso isahlulo sake ebengamawaka
angamashumi mabini anamane.
16 Kanjalo pezu kwezizwe zo-Sirayeli
*bebengaba:* umpati wama-Rubene ebengu-
Eliyezeri, unyana ka-Zikeri; owama-
Simone ebengu-Shefatiya, unyana ka-
Mahaka; 17 owaba-Levi ebengu-Hashabi-
ya, unyana ka-Kemuweli; owama-Arone
ebengu-Tsadoki; 18 owama-Juda ebengu-
Elihu, owabakuluwe baka-Davide; owama-
Yisakare ebengu-Omri, unyana ka-Mika-
heli; 19 owama-Zebulone ebengu-Yishe-
maya, unyana ka-Hobadiya; owama-Nefa-
tali ebengu-Jerimote, unyana ka-Zariyeli;
20 owosapo luka-Frayime ebengu-Hosheha,
unyana ka-Hazaziya; owesiqingata sesizwe
sika-Manase ebengu-Joweli, unyana ka-
Pedaya; 21 owesiqingata *sesizwe* sika-
Manase e-Gileyadi ebengu-Hido, unyana
ka-Zekariya; owama-Benjamine ebengu-
Yahasiyeli, unyana ka-Abenere; 22 owama-
Dane ebengu-Hazareli, unyana ka-Yero-
hame: aba ke bebezinkosi zezizwe zo-
Sirayeli.
23 Kodwa inani labo abaminyaka ima-
shumi mabini 'nangapantsi ubudala babo,
akalibala u-Davide: ngokuba ebete UYE-
HOVA uya kwandisa o-Sirayeli babe nje-
ngenkwenkwezi zezulu. 24 U-Jowabi
unyana ka-Tseruya waqala ukubala, ko-
dwa akagqiba, ngokuba ngennxa yoku
bekuko umsindo pezu kwo-Sirayeli: ngako
inani elo belingabekwa embalisweni ye-
micimbi yemihla ngemihla yokumkani
u-Davide.
25 Kekaloku pezu kwendyebo zokumka-
ni, ebengu-Hazamaveti unyana ka-Hadi-
yeli; napezu kwendyebo ezisezindhleni,
*nase*zixekweni, nasemizini, nasezinnqatye-
ni, ebengu-Jonatane unyana ka-Huziya;
26 napezu kwabo basebenzayo emasimini
ekulinyweni kwomhlaba, ebengu-Hezeri
unyana ka-Kelube; 27 napezu kwemiyezo
yemiti yeveyine, ebengu-Shimehi um-
Rama; napezu kwokusemiyezweni yemiti
yeveyine ngennxa yokubekelwa kweve-
yine, ebengu-Zabedi um-Shefame; 28 na-
pezu kweminquma nemikiwane ebisezi-
hlanjeni, ebengu-Balihanane um-Gedere;
napezu kweoli ebekelweyo, ebengu-Yoha-
she; 29 napezu kwenkomo ezadhlayo e-
Sharone, ebengu-Shiterai um-Sharone;
napezu kwenkomo ezibe zisemihlanjeni,
ebengu-Shafate unyana ka-Hadelai; 30
napezu kwenkamela, ebengu-Obili um-
Shimayeli; napezu kwamaqwarashe, ebe-
ngu-Jedeya um-Meronote; 31 napezu
kwenkomo ezinncinane, ebengu-Yazizi
um-Hagare: bonke aba bebengabapati
pezu kwempahla abenayo ukumkani u-
Davide.
32 Kekaloku u-Jonatane uyisekazi ka-
Davide ebengumpakati, obeyindoda eno-
kuqonda nombàli; u-Yehili unyana ka-
Hakemoni ebendawonye nonyana boku-
mkani; 33 u-Ahitofele ebengumpakati
wokumkani; u-Hushai um-Areki ebeli-
kolwane lokumkani; 34 nasemva kwo-
Ahitofele, ngu-Yoyada unyana ka-Benaya,
no-Abiyatare; nenkosi yomkosi kakumka-
ni ebengu-Jowabi.

28 WANDULA u-Davide wazihlangani-
sela e-Yerusaleme zonke inkosi zakwa-
Sirayeli, inkosi zezizwe, nenkosi zezahlulo
ezamkonzayo ukumkani, nenkosi zamawa-
ka, nenkosi zamakulu, nabapati pezu
kwayo yonke impahla nemfuyo yokumkani
neyonyana bake, kunye nababusi, nama-
gora, nawo onke amadoda akalipileyo.
2 Waza u-Davide ukumkani wapakama
pezu kwennyawo zake, wati: Ndipulapu-
leni, bazalwana bami, nabantu bami!
Mina bekusenkliziyweni yami ukwakela
ityeya yocebano LUKAYEHOVA, nesitulo
sennyawo ZOTIXO wetu, indhlu yokupumla,
ndaye ndiso ndilungisele ukwaka; 3 ko-
dwa UTIXO wati kumi: Akuyi kwakela
igama lami indhlu, ngokuba wena uyindo-
da yemfazwe, negazi ulipalazile. 4 Noko,
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, wandinyula
kuyo yonke indhlu kabawo, ukuba
ndibe ngukumkani pezu kwo-Sirayeli kude
kube ngunapakade: ngokuba ebenyule
u-Juda abe yinkosi; napakati kwendhlu
ka-Juda, *wanyula* indhlu kabawo; napakati
kwonyana bakabawo, wanditanda mina
ukuba andenze ukumkani pezu kwo-Sira-
yeli bonke; 5 nakubo bonke onyana bami,
(ngokuba UYEHOVA endipile onyana aba-
ninzi,) umnyulile u-Solomone unyana
wami, ukuba ahlale pezu kweterone yobu-
kumkani BUKAYEHOVA pezu kwo-Sirayeli.
6 Wayesiti kumi: u-Solomone unyana
wako, nguye oya kwaka indhlu yami
namabala ami: ngokuba ndimnyulile yena
abe ngunyana kumi, nami ndiya kuba
nguyise kuye: 7 kanjako ndobuqinisa



University of Fort Hare
Together in Excellence

ubukumkani bako kude kube ngunapa-
kade; ukuba uya kwomelelela ukwenza
imiyalelo yami nezigwebo zami njengoku-
ba *kunjalo* namhla nje. 8 Ngako kaloku,
emehlweni o-Sirayeli bonke, inklanganiso
KAYEHOVA, nasezindhlebeni ZOTIXO wetu,
gcinani nifune nokufuna yonke imiyalelo
KAYEHOVA, UTIXO wenu; ukuze nilifuye
elilizwe lilungileyo, nilishiyele abantwana
benu emva kwenu libe lilifa kude kube
ngunapakade.
9 Nawe, Solomone, nyana wami! yazi
ke UTIXO kayihlo, umkonze ngenkliziyo
ekolisekileyo, nangompefumlo ovumayo:
ngokuba UYEHOVA ebuza inkliziyo zonke,
nako konke ukucinga kwenkumbulo uya-
kuqonda: ukuba uyamfuna, wofunyanwa
nguwe; kanti ukuba uyamshiya, wokula-
hla kude kube ngunapakade. 10 Lumka
kaloku; ngokuba UYEHOVA ekunyulile uku-
ba uyake indhlu ibe yindawo eyingcwele:
yomelela, wenze ke.
11 Waza u-Davide wamnika u-Solomone
unyana wake umfanekiselo wentendelezo,
nowezindhlu zayo, nowendawo zokubekela
zayo, nowenkambili zayo zapezulu, no-
wenkambili zayo zapakati, nowendawo
yesihlalo sofefe; 12 nomfanekiselo wako
konke abenako NGOMOYA, owamabala endhlu
KAYEHOVA, nowazo zonke inkambili ezi-
ngqongayo, owendawo zendyebo zendhlu
KATIXO, nowendawo zokubekela zezinto
ezingcwele; 13 nowezahlulo zabaperi-
site nezaba-Levi, nowawo wonke umse-
benzi wenkonzo yayo indhlu KAYEHOVA,
nowazo zonke impahla zenkonzo yayo
indhlu KAYEHOVA. 14 *Wamnika* igolide
ngesilinganiswa ibe ye*yezinto* zegolide, ibe
yeyempahla zonke zenkonzo ngenkonzo;
*nesilivere* ibe yeyempahla zonke zesilivere
ngesilinganiswa, ibe yeyempahla zonke
zenkonzo ngenkonzo: 15 nesilinganiswa
sekandelare zegolide nezibane zegolide
zazo, ngesilinganiswa sekandelare nge-
kandelare nezibane zayo; nesekandelare
zesilivere, ngesilinganiswa sekandelare
nezibane zayo, njengenkonzo yekandelare
ngekandelare: 16 negolide ngesilingani-
swa ibe yeyetafile zezonka zokurozwa,
itafile ngetafile; nesilivere ibe yeyetafile
zesilivere; 17 negolide ecocekileyo ibe
yeyeforoke, neyezitya zokufefela, neyen-
debe; n*egolide* ibe yeyebekile zego-
lide, ngesilinganiswa sebekile ngebekile;
*nesilivere* ibe yeyebekile zesilivere, nge-
silinganiswa sebekile ngebekile; 18 ne-
golide ecokisiweyo ngesilinganiswa ibe
yeyesibingelo sesiqumiso: negolide ibe
yeyomfanekiselo wenuqwelo yekerubime
ezitwabululayo *amapiko azo*, zigubungela
ityeya yocebano LUKAYEHOVA. 19 Oku
konke, *watsho u-Davide*, u*ndi*qondisile
ngesibàlo sivela esandhleni SIKAYEHOVA
pezu kwami, *kwa* yonke imisebenzi ya-
lomfanekiselo.
20 Wati u-Davide kanjalo ku-Solomone
unyana wake: Yomelela, ukalipe, wenze
ke; ungoyiki, ungatuswa nokutuswa: ngo-
kuba UYEHOVA ONGUTIXO, UTIXO wami, ena-
we; akayi kukuncama, akayi kukushiya,
ude ugqibe wonke umsebenzi wenkonzo
yayo indhlu KAYEHOVA. 21 Bona ke, kuko
izahlulo zabaperisite nezaba-Levi, ngennxa
yayo yonke inkonzo yendhlu KATIXO; na-
kunye nawe, kuyo yonke imisebenzi, kuko
bonke abalungile ngobulumko, ngennxa
yenklobo zonke zenkonzo: kanjako inkosi
nabo bonke abantu *bopulapula* onke amazwi
ako.

29 Walekela wati u-Davide ukumkani
kuyo yonke inklanganiso: u-Solomone
unyana wami, okupela kwonyuliweyo
NGUTIXO, ungumfana, utambile; kanti
umsebenzi umkulu: ngokuba itempile le
asi yeyabantu, yeKAYEHOVA ONGUTIXO. 2
Mina ke, ngawo onke amandhla ami,
sendilungisele indhlu KATIXO wami igolide
ibe yeyokwegolide, nesilivere ibe yeyo-
kwesilivere, nexina ibe yeyokwexina,
isincete sibe sesokwesincete, nemiti ibe
yeyokwemiti; amatye esadonutse, n*amatye*
okufakwa, amatye abengezelayo, nawama-
bala ngamabala, namatye onke anqabileyo,
namatye amhlope ngento enninzi. 3 Na-
kanjako, ngokutanda kwami indhlu KATIXO
wami, kuko kumi intyebo, igolide nesili-
vere, *e*ndiyinikele indhlu KATIXO wami,
ngapezu nangapandhle kwako konke ndi-
kulungisele indhlu eyingcwele: 4 ama-
waka matatu etalente zegolide, kwigolide
yase-Ofire, namawaka asixenxe etalente
zesilivere ecokisiweyo, ukuze kwalekwe
indonga zezindhlu; 5 igolide ibe yeyo-
kwegolide, nesilivere ibe yeyokwesilivere,
neyemisebenzi yonke *eya kwenziwa* nge-
zandhla zenncibi. Ngubanina ke ovumayo
ukuzalisa isandhla sake namhla kuye UYE-
HOVA?
6 Zaza zanika ngokuvuma inkosi *zendhlu*
zoyise, nenkosi zezizwe zo-Sirayeli, nenkosi



University of Fort Hare
Together in Excellence

zamawaka nezamakulu, kwa nenkosi zom-
sebenzi wokumkani; 7 zaye zinikela
inkonzo yendhlu KATIXO italente zegolide
ezimawaka mahlanu, nedarike ezimawaka
alishumi ngapandhle, netalente zesilivere
ezimawaka alishumi, netalente zexina ezi-
mawaka alishumi linesibozo, netalente
zesineete ezimawaka alikulu. 8 Kanjalo
abo bekufunyanwa kubo amatye *anqabileyo*,
bawanika endyetyeni yendhlu KAYEHOVA,
ngesandhla sika-Yehili um-Gereshone. 9
Baza bavuya abantu pezu kwokunika
kwabo ngokuvuma, ngokuba bekungenkli-
ziyo ekolisekileyo bebenikile ngokuvuma
KUYEHOVA; no-Davide ukumkani wavuya
naye ngovuyo olukulu.
10 Ngako u-Davide wambonga UYEHOVA
emehlweni ayo yonke inklanganiso; wa-
yesiti u-Davide: Maubongwe wena, YE-
HOVA, TIXO wobawo wetu u-Sirayeli, kude
kube ngunapakade! 11 Bobako, YEHOVA!
ubukulu, namandhla, nobungewalisa, no-
lwoyiso, nobungangamsha; ngokuba *kuko-
kwako* konke okusezulwini nokusemhlabe-
ni; bobako, YEHOVA! ubukumkani, opa-
kamileyo uyinkloko pezu kwonke. 12
Ubutyebi nodumo luvela kuwe; wena
uyapata ubukosi pezu kwonke; esandhleni
sako kuko ukwomelela namandhla; kuse-
sandhleni sako ukukwenza kukulu noku-
kwomeleza konke. 13 Siti ke kaloku,
TIXO wetu! sibulele kuwe, sidumise igama
lako elibungewalisa. 14 Kodwa mina
ndingubanina, nabantu bami bangobanina,
ukuba sibe namandhla okunika ngoku-
vuma njengoku? ngokuba zivela kuwe
izinto zonke, na*ko*kwesako isandhla sini-
kile kuwe. 15 Ngokuba singabasemzini
ebusweni bako, namaranuka, njengobawo
betu bonke; inga isisitunzi imihla yetu
emhlabeni apa, akuko itemba. 16 YEHOVA,
TIXO wetu! bonke ubutyebi obu esibulu-
ngisileyo, ukuba sikwakele indhlu ngen-
nxa yegama lako elingcwele, buvela bona
esandhleni sako, bubobako bonke. 17
Ndiyazi kanjako, TIXO wami! ukuba
uyalinga inkliziyo, nokuba uyatanda oku-
lungeleleneyo. Mina, ngolungelelwano
lwenkliziyo yami, ndizinikile zonke ezi-
zinto ngokuvuma; nakaloku, abantu bako,
abakoyo apa, ndibabonile ngovuyo ukuba
banike ngokuvuma kuwe. 18 YEHOVA,
TIXO ka-Abrahame, ka-Yisake, noka-Sira-
yeli, obawo betu! kugcine oku ekucingeni
kwenkumbulo zenkliziyo zabantu bako
kude kube ngunapakade, ubekise inkliziyo
zabo ngakuwe: 19 no-Solomone unyana
wami umpe inkliziyo ekolisekileyo, yo-
kuba abambe imiyalelo yako, *nezinqìnelo*
zako, nezimiselo zako, akwenze oku konke,
ayake letempile endilungisele yona.
20 Waza wati u-Davide kuyo yonke
inklanganiso: Bongani ke UYEHOVA, UTIXO
wenu! Yandula yonke inklanganiso yam-
bonga UYEHOVA, UTIXO woyise babo,
batoba ngapantsi, baziqubuda pambi KWO-
YEHOVA, napambi kwokumkani. 21 Bati
kwakusa umhla olandelayo, babingela
UYEHOVA imibingo, banikela amadini oku-
tshiswa KUYEHOVA, iwaka lenkunzana
zenkomo, *ne*waka lenkunzi zegusha, *ne*-
waka lemvana, kunye neminikelo yokusela
yazo, nento eninzi yemibingelelo ngen-
nxa yo-Sirayeli bonke; 22 badhla basela
nokusela ebusweni BUKAYEHOVA ngalomhla
ngomgcobo omkulu.

BAZA bamenza u-Solomone unyana ka-
Davide ukumkani ngokwesibini, batambisa
*yena* pambi KWOYEHOVA ukuba yinkosi,
no-Tsadoki ukuba ngumperisite. 23 Wa-
ndula u-Solomone wahlala pezu kweterone
KAYEHOVA, engukumkani esikundhleni sika-
Davide uyise, wabambiseka; bati o-Sira-
yeli bonke bampulapula. 24 Kanjalo
zonke inkosi, namagora, kwa nabo bonke
onyana bokumkani u-Davide, banika isa-
ndhla sokuba babe ngapantsi kwo-Solomone
ukumkani. 25 Waza UYEHOVA wamenza
mkulu u-Solomone ngento egqitiseleyo
emehlweni o-Sirayeli bonke, wabeka pezu
kwake ubungangamsha bobukumkani, obe-
kungabangako *obunjalo* pezu kwomnye
ukumkani obepambili kuye kwa-Sirayeli.
26 Kwa njalo u-Davide unyana ka-Jese
wapata ubukumkani pezu kwo-Sirayeli
bonke. 27 Ixesha wabepata ubukumkani
ngalo pezu kwo-Sirayeli beliyiminyaka
imashumi mane: e-Hebrone wapata ubu-
kumkani iminyaka yasixenxe; nase-Yeru-
saleme wapata ubukumkani *iminyaka* ya-
mashumi matatu anamitatu. 28 Wada
wabuba enobudala obukolisileyo, ezele
yimihla, *no*butyebi, nodumo; waza u-
Solomone unyana wake waba ngukumkani
esikundhleni sake.
29 Kekaloku imicimbi ka-Davide uku-
mkani, eyokuqala neyokupela, bona ke,
ibàliwe yona emazwini ka-Samyali umboni,
nasemazwini ka-Natane umprofite, nase-



University of Fort Hare
Together in Excellence

mazwini ka-Gadi umboni, 30 kunye nako
konke okwobukumkani bake namandhla
ako, nokwamaxesha abedhlule pezu kwake,
napezu kwo-Sirayeli, napezu kwabo bonke
ubukumkani bamazwe.

# EYESIBINI INNCWADI

# YEZIKRONIKE.

## ISAHLUKO I.

KEKALOKU u-Solomone unyana ka-
Davide waqiniswa ebukumkanini
bake; kanjalo UYEHOVA, UTIXO wake, ebe-
naye, wamenza mkulu ngento egqitiseleyo.
2 Waza u-Solomone wateta kubo bonke
o-Sirayeli, kwinkosi zamawaka nezama-
kulu, nakubagwebi, nakuzo zonke inkosi
pakati kwo-Sirayeli bonke, inkloko *zendhlu*
zoyise. 3 Wandula waya u-Solomone,
nayo yonke inklanganiso kunye naye,
endaweni epakamileyo ebise-Gibeyone;
ngokuba ibiko kona intente yenklangano
KATIXO, leyo u-Mosesi isicaka SIKAYEHOVA
ubeyenzile enklango. 4 Kodwa ityeya
KATIXO u-Davide ebeyinyusile e-Kiriyate-
yarime ukuza endaweni abeyilungisele
yona u-Davide: ngokuba ebeyolulele
intente e-Yerusaleme. 5 Kanti isibingelo
sexina, abesenzile u-Betsalele, unyana ka-
Uri, unyana ka-Hure, sibe silapo pambi
kwetabanakele KAYEHOVA; baye befuna
sona u-Solomone nenklanganiso leyo. 6
Wayenikela apo u-Solomone, pambi KWO-
YEHOVA, pezu kwesibingelo sexina esibe
singasententeni yenklangano: wayenikela
pezu kwaso iwaka lamadini okutshiswa.
7 Kwa ngobobusuku wabonakala UTIXO
ku-Solomone, wati kuye: Cela into endiya
kuyinika kuwe. 8 Wayesiti u-Solomone
KUTIXO: Umenzele u-Davide ubawo wami
ububele obukulu, nami undenzile uku-
mkani esikundhleni sake. 9 Kaloku, YE-
HOVA, Tixo! malinyaniswe ilizwi lako ku-
Davide ubawo wami; ngokuba undenzile
ukumkani pezu kwabantu abanjengotuli
lwomhlaba ukuba baninzi. 10 Ndipe ka-
loku ubulumko nokwazi, ndize ndipume
ndingene nokungena ebusweni bababantu;
ngokuba engubanina onako ukugweba aba
abantu bako 'bakulu?
11 Waza UTIXO wati ku-Solomone: Ngen-
nxa yokuba lento ibisenkliziyweni yako,
ungacelanga ubutyebi, nendyebo, nodumo,
nobomi bentshaba zako, ungacelanga ka-
njalo imihla emininzi; koko uzicelele ubu-
lumko nokwazi, ukuze ubagwebe abantu
bami endikwenzile ukumkani pezu kwabo;
12 upiwe ubulumko nokwazi; ndandiya
kukunika nobutyebi, nendyebo, nodumo,
ekungabangako onokunjalo pakati kwoku-
mkani abebeko pambili kuwe, nasemva
kwako akuyi kubako onokunjalo.
13 Waza wabuya u-Solomone endaweni
epakamileyo ebise-Gibeyone, weza e-Yeru-
saleme, evela kwa pambi kwentente yen-
klangano, wapata ubukumkani pezu kwo-
Sirayeli.

14 WAYE u-Solomone wabuta innqwelo
namahashe okukwelwa; wabenennqwelo
zaliwaka linamakulu mane, namahashe
okukwelwa angamawaka alishumi linesi-
bini; owazibeka ezixekweni zennqwelo,
nakuye ukumkani e-Yerusaleme.
15 Kanjako ukumkani wenza isilivere
negolide e-Yerusaleme njengamatye, ne-
miti yesedare wayenza njengemikiwane
esezihlanjeni ngokuba mininzi. 16 Noku-
vela kwamahashe ka-Solomone e-Jipete,
wati umhlambi wabatengi bokumkani wa-
mkela umhlambi *wamahashe* ngenani *elitile*.
17 Baye benyusa bakupa e-Jipete innqwelo
nge*shekele* zesilivere ezingamakulu mata-
ndatu, nehashe ngezilikulu elinamashumi
mahlanu: kwaye kunjalo bekukutshelwa
bonke okumkani bama-Hete, nokumkani
be-Siriya, ngesandhla sabo.

2 WACINGA u-Solomone ukwaka indhlu
ibe yeyegama LIKAYEHOVA, nendhlu ibe
yeyobukumkani bake. 2 Waza wabala u-
Solomone amawaka angamashumi asixenxe
amadoda abe ngabatwali, namawaka anga-



University of Fort Hare
Together in Excellence

mashumi asibozo amadoda abe ngababazi
ezintabeni, namawaka matatu anamakulu
matandatu abongama pezu kwawo.
3 Kekaloku u-Solomone watuma ku-
Hurame ukumkani we-Tire, ukuti: Nje-
ngokuba ubusenza ku-Davide ubawo, waza
wamtumela imiti yesedare, ukuze akelwe
indhlu ukuba ahlale kuyo, *yenje njalo na-*
*kumi.* 4 Bona ke, ndiyaka indhlu egameni
LIKAYEHOVA, UTIXO wami, ize yenzwe
ngcwele kuye, ukuba kuqunyiswe ebu-
sweni bake isiqumiso esimnandi, nokuba
*ibe yeyezonka* zokurozwa futi, neyamadini
okutshiswa ngokusa nangokuhlwa, ngemi-
hla yesabata, nangennyanga ezitwasileyo,
nangemitendeleko emisiweyo KAYEHOVA,
UTIXO wetu: yinto engunapakade le ko-
Sirayeli. 5 Kanjalo indhlu endiyakayo,
yoba nkulu: ngokuba emkulu UTIXO wetu
pezu kwotixo bonke. 6 Ngubanina kodwa
onamandhla okuba amakele indhlu, izulu,
kwa nezulu lamazulu, lingenako ukum-
bamba nje? ndingubanina nami, ukuba
ndimakele indhlu, kupela kuqunyiswe isi-
qumiso ebusweni bake? 7 Ngako kaloku,
nditumele indoda elumkileyo, isebenze
ngegolide, nangesilivere, nangexina, na-
ngesincete, nangesimnyama, nesibomvu,
nezulura, ekwaziyo nokuqingqa iziqi-
ngqwa, *ibe* ndawonye namalumko endi-
nawo kwa-Juda nase-Yerusaleme, owati
u-Davide ubawo walungisa wona. 8 Ndi-
tumele nemiti yesedare, *ne*yeberoshe, ne-
yelagume, ivela e-Lebanone; ngokuba ndi-
sazi mina, okokuba izicaka zako ziyazi
ukugaula imiti yase-Lebanone; kanjalo,
bona ke, izicaka zami zoba nezicaka zako:
9 kuze kundilungiselwe imiti ngento en-
ninzi: ngokuba londhlu endiza kuyaka,
yoba nkulu ngento engummangaliso. 10
Kanjalo, bona ke, ndiya kunika izicaka
zako, abagauli abagaula imiti, ikore zen-
nqolowa ebuliweyo ezingamawaka anga-
mashumi mabini, nekore zeralasi ezinga-
mawaka angamashumi mabini, nebate ze-
veyine ezingamawaka angamashumi ma-
bini, nebate zeoli ezingamawaka angama-
shumi mabini.
11 Waza wapendula u-Hurame uku-
mkani we-Tire ngennewadi, wayituma ku-
Solomone, *wati:* Ngokuba UYEHOVA ebata-
ndile abantu bake, umisile wena ukumkani
pezu kwabo. 12 Wati kanjalo u-Hurame:
Makabongwe UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
owenzayo izulu nomhlaba, onikileyo ku-
Davide ukumkani unyana olumkileyo,
ekwazi ukutelekelela nokuqonda, ongaya-
kayo indhlu ibe YEKAYEHOVA, nendhlu ibe
yeyobukumkani bake! 13 Ngako kaloku,
nditumile indoda elumkileyo, ikwazi uku-
qonda, kwa u-Hurame, ubawo wami, 14
unyana womfazi ezintombini zakwa-Dane,
oyise uyindoda yase-Tire, owaziyo ukuse-
benza ngegolide, nangesilivere, ngexina,
ngesincete, ngamatye, nangemiti, ngesi-
mnyama, ngezulura, nangeqiya eshiceneyo,
nangesibomvu, nokuqingqa iziqingqwa
zonke, nokuqinga onke amasetyenzwa
obuncibi aya kunikwa kuye, *abe* ndawonye
namalumko ako, namalumko enkosi yami
u-Davide uyihlo wako. 15 Ngako kaloku,
innqolowa, neralasi, *ne*oli, neveyine, inkosi
yami itetile ngazo, maizitume kwizicaka
zake; 16 nati siya kugaula imiti e-Leba-
none, njengako konke ukuswela kwako,
siyizise kuwe ngemitantatu pezu kwolwa-
ndhle e-Jopa; uze wena uyinyusele e-
Yerusaleme.
17 Wabala u-Solomone onke amadoda
asemzini abeko elizweni lakwa-Sirayeli,
ngokubala abewabalile ngako u-Davide
uyise wake; aza afunyanwa engamawaka
alikulu linamashumi mahlanu, namawaka
matatu anamakulu matandatu ngapandhle.
18 Waza wenza kuwo amawaka angama-
shumi asixenxe abe ngabatwali, namawaka
angamashumi asibozo abe ngababazi ezin-
tabeni, namawaka matatu anamakulu ma-
tandatu abe ngabongama ukusebenzisa
abantu.

3 WADA waqala u-Solomone ukwaka in-
dhlu KAYEHOVA e-Yerusaleme, entabeni
ye-Moriya, apo *u-Yehova* wabonakala kona
ku-Davide uyise, endaweni abeyilungisile
u-Davide esibayeni sokubula sika-Orenane
um-Yebusi. 2 Waqala ukwaka ngowesi-
bini *umhla* wennyanga yesibini, ngowesine
unnyaka wobukumkani bake.
3 Nanku ukusekwa *waseka* ngako u-Solo-
mone, ukuba ayake indhlu KATIXO. Ubude,
ngekubite zomlinganiso wokuqala, bebuzi-
kubite ezingamashumi matandatu, nobu-
banzi bebuzikubite ezingamashumi ma-
bini. 4 Nentendelezo ebingapambili, ubu-
de pambi kwobubanzi bendhlu bebuziku-
bite ezingamashumi mabini, nobupakamo
bebuzezilikulu linamashumi mabini.
Wayaleka ngapakati ngegolide ecoceki-
leyo. 5 Nendhlu enkulu wayaleka nge-





University of Fort Hare
Together in Excellence

miti yeberoshe, waza wayaleka yona ngego-
lide enkle, wafaka pezu kwayo imiti yepa-
lime nemixokolelwane. 6 Waza wayaleka
indhlu ngamatye anqabileyo kuhonjwe:
kekaloku igolide leyo ibiyigolide yase-
Pavayime. 7 Kanjalo waleka indhlu, imi-
qadi, imigubasi, nendonga zayo, nengcango
zayo, ngegolide; waziqingqa nekerubime
pezu kwendonga.

8 Wayenza nendhlu eyingcwele yezi-
ngcwele, ebude pambi kwobubanzi ben-
dhlu bebuzikubite ezimashumi mabini, no-
bubanzi bayo bebuzikubite ezimashumi
mabini: yona nayo wayaleka ngegolide
enkle, ide yaba zitalente ezingamakulu
matandatu. 9 Nokuba nzima kwazo iziko-
nkwane, zibe zizishekele ezimashumi ma-
hlanu zegolide. Nenkambili zapezulu wa-
zaleka ngegolide.

10 Wayesenza endhlwini eyingcwele
yezingcwele ikerubime zambini ngesetye-
nzwa eliqingqiweyo, wazaleka ngegolide.
11 Namapiko ekerubime ubude bawo be-
buzikubite ezimashumi mabini: elinye
ipiko belizikubite zinklanu, lifikela eludo-
ngeni lwendhlu; nelinye ipiko lalizikubite
zinklanu, lifikela epikweni lennye ikeru-
bime. 12 Kanjalo *elinye* ipiko lennye ike-
rubime belizikubite zinklanu, lifikela elu-
dongeni lwendhlu; nelinye ipiko lalizikn-
bite zinklanu, linamatela epikweni lennye
ikerubime. 13 Amapiko ekerubime ezo
atwabuluka ikubite zamashumi mabini;
zati zona zema pezu kwennyawo zazo,
ubuso bazo bungasendhlwini. 14 Walenza
nekuselo ngezulura, nesimnyama, nesibo-
mvu, neqiya eshiceneyo, wafaka pezu kwalo
ikerubime.

15 Kanjako wazenza pambi kwendhlu
intsika zambini, zizikubite ezimashumi
matatu ananklanu ubude bazo; nenkloko
ebisenncameni yennye *intsika* ibizikubite
ezinklanu. 16 Wayenza nemixokolelwane,
*njengase*ndaweni yokupendula, wayibeka
ezinncameni zentsika; wenza nekulu le-
granate, wazibeka emixokolelwaneni. 17
Waza wazimisa intsika ezo ngapambi kwe-
tempile, ennye ngasekunene, nennye nga-
sekohlo: eyokunene wayibiza ngegama
elingu-Yakine, neyokohlo ngegama elingu-
Bohazi.

4 Kanjako wasenza isibingelo sexina, iku-
bite ezimashumi mabini ubude baso,
nekubite ezimashumi mabini ububanzi ba-
so, nekubite ezilishumi ubupakamo baso.

2 Walwenza nolwandhle olutyityishi-
weyo; lwaluzikubite ezilishumi kwa kuwo
omnye umpeto kwada kwakuwo omnye
umpeto, luyinnqukuva ngokuti ngqonga,
luzikubite ezinklanu ubupakamo balo;
lwalujikelezwa ngentambo yekubite ezima-
shumi matatu. 3 Kwaye kuko ngapantsi
kwalo umfanekiso wenkabi zilungqonga
ngamacala onke, zilishumi ekubiteni
'nnye, zijikelezela ulwandhle ngokuti
ngqonga: zambini inrozo zenkabi ezibe
zityityishwa, lwakutyityishwa lona. 4
Lwema pezu kwenkabi ezilishumi lina-
mbini, ezintatu zibeka ngasenode, nezin-
tatu zibeka ngasentshonalanga, nezintatu
zibeka ngasesuyide, nezintatu zibeka nga-
sempumalanga; lwalupezulu ulwandhle
lupezu kwazo, yonke imiva yazo ingapa-
kati. 5 Isibili salo besibububanzi besa-
ndhla, nompeto walo ubunjengesetyenzwa
lompeto wendebe, *njeng*entyatyambo yen-
nyibiba; ukubamba kwalo lwabamba ibato
ezingamawaka matatu.

6 Wazenza nezihlambelo ezilishumi, wa-
misa esinye isihlanu ngasekunene, nesinye
isihlanu ngasekohlo, ukuze kuhlanjwe ku-
zo: okwomsebenzi wedini lokutshiswa
kwahlanzwa kuzo; kodwa ulwandhle belu-
lolwabaperisite ukuba bahlambe kulo.

7 Wazenza nekandelare zegolide ezili-
shumi, njengesimilo sazo, wazimisa ete-
mpileni, esinye isihlanu ngasekunene, nesi-
nye isihlanu ngasekohlo.

8 Wazenza netafile ezilishumi, wazibeka
etempileni, esinye isihlanu ngasekunene,
nesinye isihlanu ngasekohlo. Wenza ne-
kulu lezitya zokufefela zegolide.

9 Walenza ibala labaperisite, nebala eli-
kulu, nengcango zebala, wazaleka ingca-
ngo zawo ngexina. 10 Nolwandhle walu-
misa ngelokunene icala, ngasempumalanga,
malungana nesuyide.

11 Kanjalo u-Hurame wazenza imbiza,
nezikotululo, nezitya zokufefela.

Wada wagqiba u-Hurame ukuwenza um-
sebenzi owawenzela ukumkani u-Solomone
ngennxa yendhlu KATIXO: 12 intsika zim-
bini, nezikanda, nenkloko ezibe zisennca-
meni yentsika zombini; neminata mibini
yokugubungela izikanda zozibini zenkloko
ezibe zisenncameni yentsika zombini; 13
negranate ezingamakulu mane zeminata
yomibini, inrozo zimbini zegranate kuwo
umnata 'mnye, kuze kugujungelwe izika-
nda zozibini zenkloko ezibe zipezulu pezu



University of Fort Hare
Together in Excellence

kwentsika; 14 wazenza nezikondo; nezi-
hlambelo wazenza pezu kwezikondo ezo;
15 *no*lwandhle lunye, nenkabi ezilishumi
linambini ngapantsi kwalo; 16 nembiza,
nezikotululo, neforoke: nazo zonke impa-
hla zazo, u-Hurame, uyise wake, waze-
nzela ukumkani u-Solomone, ngemnxa yen-
dhlu KAYEHOVA, ngexina egudisiweyo. 17
Etafeni laso-Yoredane wazityityisha uku-
mkani, emhlabeni oludongwe pakati kwe-
Sukote ne-Tseredata. 18 Waye u-Solomone
wazenza zonke ezimpahla ngobuninzi obu-
kulu; ngokuba bekungenakupengululwa
ukuba nzima kwexina.

19 Kanjalo wazenza u-Solomone zonke
impahla ezizezendhlu KATIXO: kwa isibi-
ngelo segolide; netafile ekube kupezu
kwazo izonka zokubonakala; 20 nekande-
lare kunye nezibane zazo, ukuze zivute
njengesiko pambi kwendawo yokupendula,
ngegolide enqabileyo; 21 nentyatyambo,
nezibane, nezitabatelo, ngegolide; yona
ibiyigolide enqabileyo kakulu; 22 nezi-
cimo, nezitya zokufefela, negxebeka, nezi-
qumelo, ngegolide enqabileyo: kanjako
umnyango wendhlu, ingcango zawo zapa-
kati, zeyingcwele yezingcwele *indawo*,
nengcango zendhlu, zetempile, *zenziwa*
ngegolide.

5 Kwada kwafezwa wonke umsebenzi,
owati u-Solomone wawenzela indhlu
KAYEHOVA. Waza u-Solomone wangenisa
izinto ezingcwele zika-Davide uyise, nesi-
livere, negolide, nazo zonke impahla,
wazibeka pakati kwendyebo zendhlu KA-
TIXO.

2 WANDULA u-Solomone wabahlanga-
nisela e-Yerusaleme abadala bo-Sirayeli,
nabo bonke abazinkloko zezizwe, inkosi
*zendhlu* zoyise zosapo luka-Sirayeli, baze
bayinyuse ityeya yocebano LUKAYEHOVA
esixekweni sika-Davide, esiyiyo i-Ziyone.
3 Aza onke amadoda akwa-Sirayeli ahla-
nganiselwa kukumkani emtendelekweni,
lowo wenyanga yesixenxe. 4 Beza ke
bonke abadala bo-Sirayeli; bati aba-Levi
bayifunqula ityeya. 5 Baza benyusa itye-
ya, nentente yenklangano, nazo zonke
impahla ezingcwele ezibe zikuyo intente
leyo; ezi*zinto* bazinyusa abaperisite *na*ba-
Levi. 6 Kanjalo ukumkani u-Solomone,
nayo yonke inklanganiso yo-Sirayeli abe-
behlanganisene ngakuye pambi kwetyeya,
bebebinga igusha nenkabi, ezazingenaku-
balwa nokulinganiswa ngokuba zininzi.
7 Baza abaperisite bayingenisa ityeya yo-
cebano LUKAYEHOVA endaweni yayo, enda-
weni yokupendula yendhlu, kweyingcwele
yezingcwele, ngapantsi kwamapiko ekeru-
bime. 8 Ngokuba ikerubime zatwabulula
amapiko *azo* ngapezu kwendawo yetyeya;
kanjalo ikerubime zagubungela ityeya ne-
zibonda zayo pezulu. 9 Kwandula kwa-
rolwa izibonda, ukuba zabonakala inncamo
zezibonda zipuma etyeyeni pambi kwen-
dawo yokupendula, kanti bezingabona-
kali ngapandhle; ziko nakona kude kube
namhla nje. 10 Bekungeko 'nto etyeyeni,
kupela ngalomacwecwe mabini abewafa-
kile u-Mosesi e-Horebe, okuya UYEHOVA
walwenza *ucebano* nosapo luka-Sirayeli,
ekupumeni kwalo e-Jipete.

11 Kwaza kwati, bakupuma abaperisite
kweyingcwele *indawo*: (ngokuba bonke
abaperisite abebeko bebezingcwalisile, be-
ngalindi *oko* ngezahlulo: 12 kanjalo aba-
Levi abebengabaculi pakati kwabo bonke,
abaka-Safa, abaka-Hemani, abaka-Jedutu-
ne, nabonyana babo, nababazalwana babo,
bevatisiwe ngeqiya eshiceneyo, benesim-
bali, nenebele, nehadi, bema ngasecaleni
lasempumalanga lesibingelo, nakunye na-
bo abaperisite abalikulu linamashumi ma-
bini behlokomisa amaxilongo:) 13 kwaza
kwati, xeshekweni abahlokomisi nabaculi
*benza* kunye, kuze kuvakaliswe ilizwi li-
nye ekumdumiseni nasekumbuleleni UYE-
HOVA; naxeshekweni bapakamisayo ilizwi
ngamaxilongo, nangesimbali, nangezinto
zokuculisa, nangokumdumisa UYEHOVA, *be-
siti*: Ngokuba elungile; ngokuba ububele
bake bungunapakade: yandula indhlu
yazaliswa ngelifu, indhlu KAYEHOVA; 14
bada bakohlwa abaperisite kukuma ukuko-
nza ngemnxa yelifu elo; ngokuba ubu-
ngcwalisa BUKAYEHOVA bebuzalisile indhlu
KATIXO.

6 Waza wati u-Solomone: UYEHOVA ute
uya kuhlala esitokotokweni. 2 Mina
kodwa ndikwakele indhlu yokuhlala, kwa
indawo yokuhlala kwako kude kube ngu-
napakade.

3 Wandula ukumkani waguqula ubuso
bake, watamsanqelisa yonke inklanganiso
yo-Sirayeli; (yati yonke inklanganiso yo-
Sirayeli yema;) 4 wayesiti: Makabongwe
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, owateta ngom-
lomo wake ku-Davide ubawo, waza waza-
lisekisa ngezandhla zake, esiti: 5 Kuselo-



University of Fort Hare
Together in Excellence

kwalomhla endapumisayo abantu bami
elizweni le-Jipete, andinyulanga nasinye
isixeko kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli,
ukuba kwakiwe indhlu, lize igama lami
libe kona; kanjako andinyulanga nannye
indoda ibe yinkosi pezu kwabantu bami
o-Sirayeli: 6 koko ndinyulile i-Yerusa-
leme, ukuba igama lami libe kona; no-
Davide ndimnyulile ukuba abe pezu kwa-
bantu bami o-Sirayeli. 7 Kwaye kusen-
kliziyweni ka-Davide ubawo, ukwakela
igama LIKAYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, in-
dhlu. 8 Kodwa UYEHOVA wati ku-Davide
ubawo: Okokuba bekusenkliziyweni yako
ukwakela igama lami indhlu, ulungisile
ukuba bekusenkliziyweni yako. 9 Noko
indhlu leyo akuyi kuyaka wena; kodwa
unyana wako oya kupuma esinqeni sako,
nguye oya kuyakela igama lami indhlu
leyo. 10 Kwa njalo UYEHOVA uqinisile
ilizwi lake abelitetile; ngokuba ndivukile
esikundhleni sika-Davide ubawo, ndihleli
nje pezu kweterone yakwa-Sirayeli, nje-
ngokuba etetile UYEHOVA; ndandakele
igama LIKAYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, in-
dhlu. 11 Kanjalo ndibekile kona ityeya,
apo lukona ucebano LUKAYEHOVA, olo wa-
lwenzayo nosapo luka-Sirayeli.

12 Waza wema pambi kwesibingelo SI-
KAYEHOVA, ebusweni bayo yonke inklanga-
niso yo-Sirayeli, wazolula izandhla zake:
13 ngokuba u-Solomone ebesenzile isitulo
sexina, wasibeka pakati kwebala, sizikubite
zinklanu ubude baso, nekubite zinklanu
ububanzi baso, nekubite zintatu ubupa-
kamo baso: wema ke pezu kwaso, waguqa
ngamadolo ake ebusweni bayo yonke inkla-
nganiso yo-Sirayeli, wazolula izandhla zake
ngasezulwini, 14 wati:

YEHOVA, TIXO wo-Sirayeli! akuko 'TIXO
njengawe, nasezulwini nasemhlabeni, ogci-
nela izicaka zako, ezihambayo pambi kwa-
ko ngayo yonke inkliziyo yazo, ucebano
nobubele: 15 ogcinele isicaka sako u-
Davide, ubawo wami, oko wakuteta kuye:
ngokuba utetile ngomlomo wako, nange-
sandhla sako uzalisekisile, njengokuba *ku-
njalo* namhla nje. 16 Ngako kaloku, YE-
HOVA, TIXO wo-Sirayeli! gcinela isicaka
sako u-Davide, ubawo wami, oko ukuteti-
leyo kuye, usiti: Akuyi kukunqamkela
indoda ebusweni bami, ihleli pezu kwete-
rone yakwa-Sirayeli; kupela ukuba onyana
bako baya kulumkela indhlela yabo, baha-
mbe ngawo umteto wami, njengokuba
wena uhambile pambi kwami. 17 Naka-
loku, YEHOVA, TIXO wo-Sirayeli! malinya-
niswe ke ilizwi lako, elo ulitetileyo kwisi-
caka sako, ku-Davide.

18 Kodwa UTIXO uya kuhlala nabantu
emhlabeni ngenyaniso na? bona ke, izulu,
nezulu lamazulu, alingekubambe; kanci-
nane kangakananina ngakumbi ke lendhlu
endiyakileyo! 19 Uze ubeke noko kuwo
umtandazo wesicaka sako, nakuso isitaru-
ziso saso, YEHOVA, TIXO wami! upulapule
isikalo nomtandazo sitandaza ngawo isi-
caka sako ebusweni bako: 20 ukuba ame-
hlo ako abe evulekile pezu kwalendhlu
emini nasebusuku, pezu kwendawo ute
ngayo uya kubeka igama lako kona: ukuba
upulapule umtandazo siya kutandaza ngawo
isicaka sako kulendawo. 21 Uze upula-
pule izitaruziso zesicaka sako, nezabantu
bako o-Sirayeli, oko baya kutandaza kule-
ndawo; uve wena endaweni yokuhlala
kwako, ezulwini, uti wakuva uxolele.

22 Okuya kwonayo umntu ngakuye um-
melwane wake, aze abeke pezu kwake isi-
fungo sokumfungisa, siti isifungo size pa-
mbi kwesibingelo sako kulendhlu; 23 wa-
ndule wena uve ezulwini, wenze, ulungise
izicaka zako, upindezele kokohlakeleyo,
ngokunika indhlela yake pezu kwenkloko
yake, umgwebele olungileyo, ngokumnika
njengobulungisa bake.

24 Naxeshekweni abantu bako o-Sirayeli
babetwa pambi kwotshaba, ngokuba bonile
ngakuwe; baze babuye, badumise igama
lako, batandaze, bataruzise ebusweni bako
kulendhlu; 25 wandule wena uve ezulwini,
uxolele isono sabantu bako o-Sirayeli,
ubabuyisele emhlabeni owabuwunika kubo
nakoyise babo.

26 Xeshekweni livingcekile izulu, ku-
ngeko imvula, ngokuba bonile ngakuwe;
ukuba bayatandaza kulendawo, badumise
igama lako, baguquke esonweni sabo, oko
ubabandezelayo; 27 wandule wena uve
ezulwini, uxolele isono sezicaka zako, ne-
sabantu bako o-Sirayeli, oko ubafundisayo
indhlela elungileyo abaya kuhamba ngayo;
uze unise imvula pezu kwelizwe lako, elo
ulinikileyo ebantwini bako libe lilifa.

28 Nxa kubako indhlala elizweni, nxa
kubako isifo esibubisayo, nxa kubako
imbabala, nesihumba, inkumbi, noru-
xeshe; nxa intshaba zabo zibavingcela
elizweni lezixeko zabo; *nxa kubako* isi-
bulawa esinjanina, nesifo esinjanina;



University of Fort Hare
Together in Excellence

29 konke ukutandaza, konke ukutaruzisa,
okuya kwenziwa ngumntu otile, umhlaumbi ngabo bonke abantu bako o-Sirayeli, oko baya kwazi abanye ngabanye isibulawa sabo, nobuhlungu babo,
bazolule izandhla zabo kulendhlu; 30
wandule wena uve ezulwini, endaweni yokuhlala kwako, uxolele, ubanike abanye ngabanye njengazo zonke indhlela zabo, abankliziyo uzaziyo; (ngokuba nguwe wedwa ozaziyo inkliziyo zonyana babantu;)
31 ukuze bakwoyike, bahambe ngendhlela zako, yonke imihla abaya kubudhla ubomi ngayo pezu kwobuso bomhlaba, owabuwunika kobawo betu.

32 Nakanjako ngaye owolunye uhlanga, ongenguye owabantu bako o-Sirayeli, kodwa uvele ezweni elikude ngennxa yegama lako elikulu, nesandhla sako esomeleleyo, nengalo yako eyolulweyo; nxa baya kuza,
batandaze kulendhlu; 33 wandule wena
uve ezulwini, endaweni yokuhlala kwako, wenze ngako konke aya kubiza kuwe ngako owolunye uhlanga lowo; ukuze bonke abantu bomhlaba balazi igama lako, boyike wena, njengabantu bako o-Sirayeli; bazi kanjalo ukuba igama lako libiziwe pezu kwendhlu le endiyakileyo.

34 Nxa abantu bako bapumayo ukuya kulwa ngakuzo intshaba zabo, ngendhlela uya kubatuma ngayo, baze batandaze kuwe, ngakuso esisixeko usinyulileyo, na*ngakuyo* lendhlu endiyakileyo ngennxa yegama la-
ko; 35 wandule uve ezulwini ukutandaza kwabo nokutaruzisa kwabo, ulenze ibango labo.

36 Nxa bonayo ngakuwe, (ngokuba kungeko umntu ongoniyo,) uti wena ubaqumbele, ubanikele ebusweni botshaba, bade abatimbi babo babatimbele elizweni elikude umhlaumbi elikufupi;
37 ukuba bayakumbuza inkliziyo zabo elizweni apo batinjelwe kona, baguquke, bakutaruzise elizweni lokutinjelwa kwabo, besiti: Sonile, senzile ngobugwenxa, senza okukohlakeleyo;
38 bade babuyele kuwe ngayo yonke inkliziyo yabo, nangawo wonke umpefumlo wabo, elizweni lokutinjelwa kwabo, apo batinjelwe kona, batandaze ngakulo ilizwe labo, elo wabulinika koyise babo, na*ngakuso* esisixeko usinyulileyo, nangakuyo lendhlu endiyakileyo ngennxa yegama lako:
39 wandule uve ezulwini, endaweni yokuhlala kwako, ukutandaza kwabo nokutaruzisa kwabo, ulenze ibango labo, ubaxolele abantu bako abonileyo ngakuwe.

40 Kaloku, TIXO wami! makati amehlo ako avuleke, nendhlebe zako zipulapuleke, kuwo umtandazo walendawo.
41 Nakaloku pakama, YEHOVA, TIXO! uze ekupumleni kwako, wena netyeya yamandhla ako: abaperisite bako, YEHOVA, TIXO! mabambate usindiso, nabangcwele bako mabavuye kokulungileyo.
42 YEHOVA, TIXO! zungasongi ubuso bomtanjiswa wako: kumbula izibele zika-Davide isicaka sako.

7 Kekaloku nxa agqibileyo u-Solomone ukutandaza, kwandula kwehla umlilo ezulwini, wadhla idini lokutshiswa nemibingo; bati ubungcwalisa BUKAYEHOVA bayizalisa indhlu.
2 Baza bakohlwa abaperisite ukungena endhlwini KAYEHOVA, ngokuba ubungcwalisa BUKAYEHOVA bebuzalisile indhlu KAYEHOVA.
3 Lwati lwakubona lwonke usapo luka-Sirayeli ukuhla kwomlilo, nobungcwalisa BUKAYEHOVA pezu kwendhlu, lwatoba ngobuso ngasemhlabeni pezu kwesandhlalwa samatye, lwabedesha, lwamdumisa UYEHOVA, *lusiti:* Ngokuba elungile; ngokuba ububele bake bungunapakade.

4 Kwaza kwabinga ukumkani nabo bonke abantu umbingo pambi KWOYEHOVA.
5 Waye ukumkani u-Solomone wabinga umbingo wenkabi ezingamawaka angamashumi mabini anamabini, negusha ezingamawaka alikulu linamashumi mabini. Benje njalo ukutwasisa indhlu KATIXO ukumkani nabo bonke abantu.
6 Bati abaperisite bema ngezigcinelo zabo, naba-Levi benezinto zokuculisa ZIKAYEHOVA, abezenzile u-Davide ukumkani, ukuba kubulelwe KUYEHOVA, ngokuba ububele bake bungunapakade, nxa u-Davide abedumisa ngesandhla sabo; baza abaperisite bahlokomisa amaxilongo pambi kwabo, bati bonke o-Sirayeli bema.
7 Kanjako u-Solomone wawenza ngcwele umpakati webala elipambi kwayo indhlu KAYEHOVA; ngokuba wabelungisa kona amadini okutshiswa, namanqata eminikelo yoxolo: ngokuba isibingelo sexina, abesenzile u-Solomone, besingenako ukwamkela amadini okutshiswa, neminikelo yokudhla, namanqata lawo.

8 Wayesenza u-Solomone umtendeleko ngexesha elo imihla yasixenxe, nabo bonke o-Sirayeli kunye nayo, inklanganiso enkulu kunene, ivela kwa sekungenweni kwe-Hamati kwada kwasemlanjeni wase-





University of Fort Hare
Together in Excellence

Jipete. 9 Baye besenza ngomhla wesibozo
inklanganisano engcwele: ngokuba bebe-
kwenza ukutwasiswa kwesibingelo imihla
esixenxe, nomtendeleko imihla ekwa 'sixe-
nxe. 10 Nangowamashumi mabini anesita-
tu umhla wenyanga yesixenxe, wabandu-
lula abantu ukuya ezintenteni zabo, bevuya,
beewayitile ngenkliziyo, ngennxa yokulu-
ngileyo abekwenzile UYEHOVA ku-Davide,
naku-Solomone, nako-Sirayeli abantu bake.
11 Wada u-Solomone wagqiba indhlu
KAYEHOVA, nendhlu yokumkani: nako
konke okube kungenile enkliziyweni ka-
Solomone, ukuba akwenze endhlwini KA-
YEHOVA nasendhlwini yake, wakufeza ngo-
kutamsanqelekileyo.

12 WANDULA UYEHOVA wabonakala
ku-Solomone ebusuku, wati kuye: Ndivile
umtandazo wako, ndandizinyulele lendawo
ibe yindhlu yemibingo. 13 Ukuba ndiya-
vingca izulu, kuze kungabiko imvula, um-
hlaumbi ukuba ndiyayalela inkumbi zigqi-
be ilizwe, umhlaumbi ukuba ndiyatuma
isifo esibubisayo pakati kwabantu bami;
14 baze bati abantu bami, ekupezu kwabo
kubizwa igama lami, bazigobe, batandaze,
bafune ubuso bami, baguquke emikweni
yabo ekohlakeleyo; ndiya kwandula ndive
mina kwa sezulwini, ndixolele isono sabo,
ndipilise nelizwe labo. 15 Kaloku amehlo
ami ovuleka, nendhlebe zami zopulapu-
leka, kuwo umtandazo walendawo. 16
Ngokuba kaloku ndiyinyulile ndayenza
ngcwele indhlu le, ukuba igama lami li-
beko kona kude kube ngunapakade; kwa-
kuya kubako kona amehlo ami nenkliziyo
yami imihla yonke. 17 Kanjalo wena
ukuba uya kuhamba pambi kwami, nje-
ngokuba ebehamba u-Davide uyihlo
wako, wenze ngako konke endikuyaleleyo,
ugcine izimiselo zami nezigwebo zami;
18 ndiya kwandula ndiqinise iterone yo-
bukumkani bako, njengokuba ndenzile
ucobano no-Davide uyihlo wako, ndisiti:
Akuyi kukunqamkela indoda inobukosi
kwa-Sirayeli. 19 Kanti ukuba niyapa-
mbuka nina, niyishiye imimiselo yami nemi-
yalelo yami, endiyibekileyo pambi kwenu,
nize niye nikonze otixo bambi, nitobe pa-
mbi kwabo; 20 ndiya kwandula ndiba-
ncotule emhlabeni wami, endiwunikileyo
kubo; nalendhlu, endiyingcwalisele igama
lami, ndoyilahla ebusweni bami, ndiyenze
ibe yinto yokuzekeliswa nelizwi lokuhle-
kisa pakati kwabantu bonke. 21 Nendhlu
le, epezulu, osukuba edhlula ngakuyo woti
nqa, ati: Kunganina ukuba wenzile UYE-
HOVA njengokunjalo kwelilizwe nakule-
ndhlu? 22 kwakuya kutiwa: Ngennxa
yokuba bamshiya UYEHOVA, UTIXO woyise
babo, owabapumisayo elizweni le-Jipete,
nokuba babambelela KOTIXO bambi, batoba
pambi kwabo, babakonza: kungoko azisi-
leyo pezu kwabo bonke obububi.

8 KWAYE kute ekupeleni kweminyaka
imashumi mabini, okuya u-Solomone
abeyakile indhlu KAYEHOVA, nendhlu yake,
2 ukuba izixeko owabezinikile u-Hurame
ku-Solomone, waka zona u-Solomone, wa-
hlalisa kona usapo luka-Sirayeli.
3 Wandula waya u-Solomone e-Hamati-
tsoba, wayeyisa. 4 Waza waka ne-Tade-
more enklangweni, nazo zonke izixeko zoku-
bekela, ezo wazakayo e-Hamati. 5 Waka
ne-Bete-horone yasenkla, ne-Bete-horone
yasezantsi, izixeko ezinqatyisiweyo, zi-
nendonga, namasango, nemivalo; 6 ne-
Bahalate, nazo zonke izixeko zokubekela
abe nazo u-Solomone, nazo zonke izixeko
zeenqwelo, nezixeko zamahashe okukwe-
lwa, nako konke asukuba ebenqwenela
ukukwaka e-Yerusaleme, nase-Lebanone,
nakulo lonke ilizwe lobukosi bake.
7 Bonke abantu ababesele kuwo ama-
Hete, naba-Amori, nama-Perizi, nama-
Hivi, nama-Yebusi, abebengengabo *abosapo*
luka-Sirayeli, 8 abakubo abantwana babo
ababesele emva kwabo elizweni, abo usapo
luka-Sirayeli belungabagqibelanga, kwa
pezu kwabo wabeka u-Solomone ukunikela
*ngenkonzo* kwada kwanamhla nje. 9 Kanti
kulo usapo luka-Sirayeli, olo ungalwenza-
nga u-Solomone lube ngamakonza emsebe-
nzini wake, (ngokuba lona belungamadoda
okulwa, nenkosi zenjengele zake, naba-
pati beenqwelo zake, nabakweli bake ba-
mahashe,) 10 kwa *kulo* olu beziko inkosi
zabongama abenabo ukumkani u-Solomone,
amakulu mabini anamashumi mahlanu,
ezibe zinobukosi pezu kwabantu.
11 Kekaloku intombi ka-Faro wayi-
nyusa u-Solomone esixekweni sika-Davide
iye endhlwini abeyakele yona; ngokuba
ebesiti: Umfazi wami akayi kuhlala en-
dhlwini ka-Davide ukumkani wo-Sirayeli,
ngokuba zingcwele *ezondawo* ingenileyo
kuzo ityeya KAYEHOVA.
12 Oko u-Solomone wanikela amadini



University of Fort Hare
Together in Excellence

okutshiswa KUYEHOVA, pezu kwesibingelo
SIKAYEHOVA, eso ubesakile pambi kwente-
ndelezo, 13 kwa ngokubanga kwemihla
ngemihla, enikela, njengomyalelo ka-Mose-
si, ngesabata, nangennyanga ezitwasileyo,
nangemitendeleko emisiweyo, amaxesha
matatu emnyakeni 'mnye, ngomtende-
leko wezonka ezingenagwele, nangomte-
ndeleko weveki, nangomtendeleko wama-
pempe. 14 Wayemisa, njengesiko lika-
Davide uyise, izahlulo zabaperisite pezu
kwenkonzo yabo; naba-Levi pezu kwezi-
geinelo zabo, ukuba badumise, bakonze
pambi kwabaperisite, ngokubanga kwe-
mihla ngemihla; nabalindimnyango, nge-
zahlulo zabo, ngesango ngesango: ngo-
kuba ubunjalo umyalelo ka-Davide indoda
KATIXO. 15 Baye bengapambuki kuwo um-
yalelo wokumkani kubo abaperisite naba-
Levi, ngazo zonke izinto, nangazo indyebo.
16 Waye wonke umsebenzi ka-Solomone
ubulungiswa kude kwangumhla wokuse-
kwa kwendhlu KAYEHOVA, nakude kwaku-
kugqitywa kwayo. *Yada* yafezwa indhlu
KAYEHOVA.

17 Oko waya u-Solomone e-Hetsiyone-
gebere, nase-Elote, elunxwemeni lwolwa-
ndhle, elizweni le-Edome. 18 Waza u-
Hurame watuma kuye ngezandhla zezicaka
zake innqanawa, nezicaka ezibe zilwazi
ulwandhle, ezaya kunye nezicaka zika-
Solomone e-Ofire, zatabata kona italente
zegolide zamakulu mane anamashumi ma-
hlanu, zazizisa kukumkani u-Solomone.

9 WATI ukumkanikazi we-Sheba, akuva
udumo luka-Solomone, weza ukumlinga
u-Solomone ngezintsonkotelo e-Yerusaleme,
kunye nomkosi omkulu kunene, nenkamela
zitwele izimnandi, nento enninzi yegolide,
namatye anqabileyo: wati akuza ku-Solo-
mone, wateta naye konke okusenklizi-
yweni yake. 2 Waza u-Solomone wamtyi-
lela onke amazwi ake: akwafihlwa 'nto
ku-Solomone, abengamtyileli yona. 3 Ke-
kaloku uxa ukumkanikazi we-Sheba wa-
bona ubulumko buka-Solomone, nendhlu
abeyakile, 4 nokutya kwesitebe sake, no-
kuhlala kwezicaka zake, nokuma kwaba-
konzi bake, nezivato zabo, nabancamli
bako, nezivato zabo, nesinyukelo sake,
owenyuka ngaso ukuya endhlwini KAYE-
HOVA, akwabi sabiko ummoya kuye. 5
Wayesiti kukumkani: Beliyinnene ilizwi
elo bendiliva elizweni lami, ngemicimbi
yako nangobulumko bako. 6 Kodwa be-
ndingakolwa ngamazwi abo, ndide ndafika,
aza abona amehlo ami: kekaloku bona ke,
andixelelwanga nesiqingata sobukulu bo-
bulumko bako: ugqitisile ireto endalivayo.
7 Anennyweba amadoda ako, zinennyweba
ezizicaka zako, ezimiyo futi ebusweni ba-
ko, ezivayo ubulumko bako. 8 Makabo-
ngwe UYEHOVA, UTIXO wako, owakukolela-
yo, ukuba akubeke pezu kweterone yake,
ube ngukumkani ngennxa KAYEHOVA, UTIXO
wako! Ngokuba UTIXO wako ebatandile
o-Sirayeli, ukuba abamise kude kube ngu-
napakade, kukona akumiseleyo ube ngu-
kumkani pezu kwabo, ukwenza ubugwebo
nobulungisa. 9 Waza wamnika ukumkani
italente zegolide zalikulu elinamashumi
mabini, nento enninzi yezimnandi, nama-
tye anqabileyo: kwaye kungeko izimnandi
ezinjengezo ukumkanikazi we-Sheba wazi-
nika kukumkani u-Solomone.

10 Nakanjako izicaka zika-Hurame, ne-
zicaka zika-Solomone, ezavela negolide e-
Ofire, zazisa nemiti yelagume, namatye
anqabileyo. 11 Waye ukumkani ngemiti
yelagume leyo wenzela indhlu KAYEHOVA
nendhlu yokumkani indawo zokunyukela,
*wenzela* abaculi ikinore nenebele kanjalo:
bekungabonwa enjalo ngapambili elizweni
lakwa-Juda.

12 Waza ukumkani u-Solomone wamni-
ka ukumkanikazi we-Sheba konke ukuta-
nda kwake, oko wakucelayo, ngapandhle
kwoko abekuzisile kukumkani. Wada wa-
jika, wahambela kwelake ilizwe, yena ne-
zicaka zake.

13 Kekaloku ukulinganiswa kwayo igo-
lide ebisiza ku-Solomone emnyakeni 'mnye,
bezizitalente zegolide ezingamakulu mata-
ndatu anamashumi matandatu enesitanda-
tu; 14 ngapandhle kwebiziswa ngabara-
tyazi nabatengi: kanjalo bonke okumkani
base-Arabi, nenkosi zelizwe, bazisa igolide
nesilivere ku-Solomone.

15 Waza ukumkani u-Solomone wenza
amakaka angamakulu mabini ngegolide
ekandelweyo; kwafakwa amakulu mata-
ndatu *eshekele* zegolide ekandelweyo pezu
kwekaka linye: 16 *wazenza* nengweletshe-
tshe ezingamakulu matatu ngegolide eka-
ndelweyo; kwafakwa amakulu matatu *eshe-
kele* zegolide pezu kwengweletshetshe in-
nye: waza ukumkani wazibeka endhlwini
yehlati le-Lebanone.

17 Waye ukumkani kanjako wayenza



University of Fort Hare
Together in Excellence

iterone enkulu yopondo lwendhlovu, wa-
yaleka ngegolide ecocekileyo. 18 Kwaye
kuko izinyukelo zitandatu kuyo iterone
leyo, nesitulo sennyawo segolide, ziqini-
selwe eteroneni, nezayamelo ngelicala
nangeliya ngasendaweni yokuhlala, nen-
gonyama zimbini zimi kufupi nezaya-
melo ezo: 19 zema kona nengonyama
zilishumi linambini ngelicala nangeliya
pezu kwazo izinyukelo zitandatu: akwe-
nziwanga enjalo kobunye ubukumkani.
20 Kanjako zonke impahla zokusela zoku-
mkani u-Solomone zibe zizezegolide, nazo
zonke impahla zendhlu yehlati le-Lebano-
ne zibe zizezegolide enqabileyo; bekunge-
ko *e*zesilivere: ibingabalelwa 'luto *yona*
emihleni ka-Solomone. 21 Ngokuba in-
nqanawa zokumkani bezisiya e-Tareshishe
kunye nezicaka zika-Hurame: kwakanye
eminyakeni mitatu zafika innqanawa zase-
Tareshishe, zizisa igolide, nesilivere, *n*em-
pondo zendhlovu, nenkau, namaseme.
22 Kwa njalo ukumkani u-Solomone
wayemkulu pezu kwabo bonke okumkani
bomhlaba, ngobutyebi nangobulumko. 23
Kanjako bonke okumkani bomhlaba babe-
funa ubuso buka-Solomone, ukuze babuvu
ubulumko bake, obo wabubeka UTIXO en-
kliziyweni yake. 24 Baye besiza abanye
ngabanye nebaso labo, impahla zesilivere,
nempahla zegolide, nengubo, *n*ezixòbo, ne-
zimnandi, *n*amahashe, namaqwarara; into
yomnyaka ngomnyaka.
25 Waye u-Solomone kanjalo enezitale
zamahashe ezingamawaka mane, nennqwe-
lo, namahashe okukwelwa angamawaka
alishumi linesibini; owawabeka ezixe-
kweni zennqwelo, nakuye ukumkani e-
Yerusaleme.
26 Wayepata ubukosi pezu kwabo bonke
okumkani, kwa kuwo umlambo kude kwa-
sezweni lama-Filistiya, nakude kwasem-
deni wase-Jipete.
27 Kanjako ukumkani wayenza isilivere
e-Yerusaleme njengamatye, nemiti yese-
daro wayenza njengemikiwane esezihla-
njeni, ngokuba mininzi. 28 Kwaye kuku-
tshelwa u-Solomone amahashe evela e-
Jipete, nasemazweni onke.
29 Kekaloku isisalela semicimbi ka-So-
lomone, eyokuqala neyokupela, ayibàlwa-
nga na yona emazwini ka-Natane umpro-
fite, nasesiprofiteshweni sika-Ahiya um-
Shilo, nasemibonisweni ka-Hido umboni
ngaye u-Jerobome unyana ka-Nebati?
30 Waye u-Solomone ebepata ubukumkani
e-Yerusaleme, pezu kwo-Sirayeli bonke,
iminyaka engamashumi mane. 31 Wada
walala u-Solomone noyise bake, wanewa-
tywa esixekweni sika-Davide uyise; waza
u-Rehobome unyana wake waba nguku-
mkani esikundhleni sake.

10 WASUKA u-Rehobome waya e-She-
keme; ngokuba bebeze e-Shekeme o-
Sirayeli bonke, ukuze bamenze uku-
mkani.
2 Kwaye kute, kwakuviwa ngu-Jerobo-
me unyana ka-Nebati, (kekaloku yena
ebese-Jipete, ngokuba ebesabile ebusweni
buka-Solomone ukumkani; wada u-Jero-
bome wabuya e-Jipete; 3 baza batuma
bambiza;) kwandul' ukuza u-Jerobome no-
Sirayeli bonke, bateta ku-Rehobome, besiti:
4 Uyihlo wako wayenza lukuni iyokwe ye-
tu; uz' uti wena kaloku wenze lula ubu-
konzo boyihlo obulukuni, neyokwe yake
enzima abeyibeka pezu kwetu, sasiya ku-
kukonza. 5 Wayesiti kubo: *Mukani* ka-
njako intsuku zibe ntatu, nandule nibuye
nize kumi. Bemka ke abantu.
6 Waza ukumkani u-Rehobome wacebi-
sana namaxego, abemi ebusweni buka-Solo-
mone uyise, nxa abesahleli, esiti: Niti
nina uku*ndi*cebisa nina, kuze kupendulwe
ababantu? 7 Ateta kuye, esiti: Ukuba
uya kwenza ngobubele kwababantu, uba-
buke, utete kubo amazwi alungileyo, baya
kwandula babe zizicaka zako imihla yonke.
8 Kodwa walishiya icebo lamaxego, elo
abemcebisile ngalo, waya wacebisana na-
madodana abekulile kunye naye, abemi
ebusweni bake. 9 Wayesiti kuwo: Le-
linina icebo nilinikayo nina, ukuba si-
pendule ababantu, abatetileyo kumi,
besiti: Yenza lula iyokwe ayibekileyo
pezu kwetu uyihlo wako? 10 Aza ateta
kuye amadodana abekulile kunye naye,
esiti: Uya kutsho kwababantu abatetileyo
kuwe, besiti: Uyihlo wako wayenza nzi-
ma iyokwe yetu, kodwa wena yenze lula
pezu kwetu; uya kutsho kubo ukuti: U-
cikicane wami woba mkulu kuso isinqe
sobawo isibili sake. 11 Ukuba kaloku
ubawo unitwesile ngeyokwe enzima, mina
ke ndiya kwongeza kuyo iyokwe yenu;
ubawo unohlwayile ngezwiniya, kodwa
mina *ndonohlwaya* ngonomadudwane.
12 Kwa njalo kweza u-Jerobome nabo
bonke abantu ku-Rehobome ngosuku lwe-



University of Fort Hare
Together in Excellence

sitatu, njengokuba ebetetile ukumkani,
esiti: Buyani nize kumi ngosuku lwesi-
tatu. 13 Waza ukumkani wabapendula
ngokulukuni; ngokuba ukumkani u-
Rehobome walishiya icebo lamaxego, 14
wateta kubo njengecebo lamadodana, esi-
ti: Ubawo wayenza nzima iyokwe yenu,
kodwa mina ndiya kwongeza kuyo; ubawo
wanohlwaya ngezwiniya, kodwa mina *ndo-
nohlwaya* ngonomadudwane.

15 Akapulapula ke ukumkani ebantwi-
ni; ngokuba belulujiko luvela KUTIXO,
ukuze UYEHOVA aliqinise ilizwi lake, elo
walitetayo ngaye u-Ahiya um-Shilo ku-
Jerobome unyana ka-Nebati.

16 Bati bakubona bonke o-Sirayeli uku-
ba ukumkani akapulapuli kubo, bapendula
abantu kukumkani, besiti: Sisipina isa-
biwo esinaso ku-Davide? akuko *kuti* ne-
lifa kunyana ka-Jese: abanye ngabanye
ezintenteni zenu, bo-Sirayeli! kaloku ka-
ngela kweyako indhlu, Davide! Basuka
baya o-Sirayeli bonke ezintenteni zabo.
17 Kodwa usapo luka-Sirayeli olube luhleli
ezixekweni zakwa-Juda, wapata ubuku-
mkani pezu kwalo u-Rehobome.

18 Wandula ukumkani u-Rehobome wa-
tuma u-Hadorame, obepezu kwabesitabata-
ba; lwaza usapo luka-Sirayeli lwamgibisela
ngamatye, wada wafa. Ngako ukumkani
u-Rehobome wanxama ukukwela ennqwe-
lweni, ukuba asabele e-Yerusaleme. 19
Kwa njalo o-Sirayeli baqipukelana nen-
dhlu ka-Davide, kwada kwanamhla nje.

11 Wati u-Rehobome akufika e-Yerusale-
me, wahlanganisa indhlu ka-Juda no-
Benjamine, amawaka alikulu linamashumi
asibozo amadodana eqelene nokulwa, uku-
ba kuliwe no-Sirayeli, kuze kubuyiselwe
ubukumkani ku-Rehobome. 2 Kodwa
ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-Shemaya in-
doda KATIXO, lisiti: 3 Yitsho ku-Rehobo-
me unyana ka-Solomone ukumkani wo-
Juda, nakubo bonke o-Sirayeli abakwa-
Juda nakwa-Benjamine, usiti: 4 Utsho
UYEHOVA ukuti: Aniyi kunyuka, aniyi ku-
lwa nabazalwana benu kanjalo: buyani
abanye ngabanye ukuya endhlwini yabo:
ngokuba lento yenzekile ngami. Bandu-
la bapulapula amazwi KAYEHOVA, babuya
ekuyeni *kwabo* ngaku-Jerobome.

5 Waza u-Rehobome wahlala e-Yerusa-
leme; wayesaka izixeko zibe zinnqaba
kwa-Juda. 6 Wayesaka i-Betelehene, ne-
Etame, ne-Tekoha, 7 ne-Bete-tsure, ne-
Soko, ne-Hadulame, 8 ne-Gate, ne-Maresha,
ne-Zifi, 9 ne-Adorayime, ne-Lakishe, ne-
Hazeka, 10 ne-Tsoreha, ne-Ajalone, ne-
Hebrone, ezikwa-Juda nakwa-Benjamine,
izixeko ezinqatyisiweyo. 11 Wayenqabisa
innqaba ezo, wabeka kuzo inkosi, nembe-
kelo zokutya, neoli, neveyine: 12 nakuzo
zonke izixeko ngezinye *wabeka* amakaka
nemikonto, wakolisa ukuzinqabisa kakulu:
baye o-Juda no-Benjamine bebengabake.

13 Kanjalo abaperisite naba-Levi, aba-
bekuyo yonke i-Sirayeli, batelela kuye
bevela kuyo yonke imida yabo. 14 Ngo-
kuba aba-Levi bebeshiya innqele zabo,
nemfuyo yabo, baya kwa-Juda nase-Yeru-
saleme: (ngokuba u-Jerobome nonyana
bake bebebalahlile ukuba bangakonzi ngo-
buperisite KUYEHOVA: 15 wayezimisele
ngokwake abaperisite, babe ngabendawo
ezipakamileyo, nabedemoni, nabamatole
abewenzile.) 16 Nasemva kwabo, bevela
kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli, abo babeki-
sayo inkliziyo zabo ukumfuna UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, beza e-Yerusaleme, uku-
ba babingelele KUYEHOVA, UTIXO woyise ba-
bo. 17 Baza babuqinisa ubukumkani bakwa-
Juda, bamomeleza u-Rehobome unyana
ka-Solomone, iminyaka yamitatu; ngokuba
bebehamba ngendhlela ka-Davide no-Solo-
mone iminyaka yamitatu.

18 Kekaloku u-Rehobome wamzeka u-
Mahalate, intombi ka-Jerimote unyana ka-
Davide, abe ngumfazi; *no*-Abihayili, into-
mbi ka-Eliyabe unyana ka-Jese, 19 owam-
zalela abantwana, u-Yebushe, no-Shema-
riya, no-Zahame. 20 Nasemva kwake
wamzeka u-Mahaka intombi ka-Abasalome,
owamzalela u-Abiya, no-Hatai, no-Ziza,
no-Shelomiti. 21 Waza u-Rehobome wa-
tanda u-Mahaka intombi ka-Abasalome,
ngapezu kwabo bonke abafazi bake nama-
shweshwe ake: (ngokuba ebezekile aba-
fazi abalishumi linesibozo, namashweshwe
amashumi matandatu; wazala onyana aba-
mashumi mabini enesibozo, nentombi
ezimashumi matandatu.) 22 Kanjako wam-
misela inkloko u-Abiya unyana ka-Mahaka,
ukuba abe yinkosi pakati kwabazalwana
bake: ngokuba *ebecinga* ukumenza ukumka-
ni. 23 Wayesenza ngokulumkileyo, wacita
kubo bonke onyana bake pakati kwawo onke
amazwe akwa-Juda nawakwa-Benjamine,
kuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo, wa-
banika ukutya ngento eninzi; wa*ba*funela
isininzi sabafazi kanjalo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

12 KWAYE kute, nxa u-Rehobome abe-
qinisile ubukumkani, nanxa womele-
layo, washiya umteto KAYEHOVA, no-Sira-
yeli bonke kunye naye.
2 Kwaza kwati, ngowesihlanu umnyaka
wokumkani u-Rehobome, wenyuka u-Shi-
shaki ukumkani we-Jipete ngakuyo i-Yeru-
saleme, ngokuba bebenze ngobumenemene
ngakuye UYEHOVA, 3 enennqwelo ezimakulu
alishumi linesibini, nabakweli bamahashe
abangamawaka angamashumi matandatu:
baye bengenakubalwa abantu abavela naye
e-Jipete, ama-Libiya, nama-Sukime, nama-
Tiyopiya. 4 Waza watimba izixeko ezi-
nqatyisiweyo ezizezakwa-Juda, weza ku-
fika nase-Yerusaleme.
5 Wandula u-Shemaya umprofite weza
ku-Rehobome, nakwinkosi zakwa-Juda e-
zazibutele e-Yerusaleme ngenxa ka-Shi-
shaki, wayesiti kubo: Utsho UYEHOVA
ukuti: Nina nindishiyile mina, ngako nami
ndinishiyile nina esandhleni sika-Shishaki.
6 Zaza zazigoba inkosi zakwa-Sirayeli, no-
kumkani; baye besiti: Ulungile UYE-
HOVA.
7 Akubona UYEHOVA ukuba bazigobile,
kweza ilizwi LIKAYEHOVA ku-Shemaya, li-
siti: Bazigobile, andiyi kubatshabalalisa;
koko ndiya kubanika ukusinda ngomzu-
zwana, uze umsindo wami ungatululwa
pezu kwe-Yerusaleme ngesandhla sika-Shi-
shaki. 8 Noko, boba ngabakonzi kuye;
ukuze bayazi inkonzo yami, nenkonzo ya-
bo ubukumkani bamazwe.
9 Wenyuka ke u-Shishaki ukumkani
we-Jipete ngakuyo i-Yerusaleme, wasusa
indyebo zendhlu KAYEHOVA, nendyebo zen-
dhlu yokumkani; kwa zonke wazisusa:
wasusa namakaka egolide abewenzile u-
Solomone. 10 Waza ukumkani u-Rehobome
wawenza endaweni yawo amakaka exina,
wawanikela esandhleni senkosi zomlisela,
ebugcina umnyango wendhlu yokumkani.
11 Kwaye kute, nxa asukuba ebesiya uku-
mkani endhlwini KAYEHOVA, weza umlisela
wawatwala, wabuya weza nawo enkambilini
yomlisela. 12 Kekaloku ekuzigobeni kwake,
kwaguquka kuye ingqumbo KAYEHOVA, u-
kuze angagqibeli uku*m*tshabalalisa: kanja-
ko nakwa-Juda beziseko into ezilungileyo.
13 Kwa njalo ukumkani u-Rehobome
wazomeleza e-Yerusaleme, wapata ubuku-
mkani: ngokuba u-Rehobome ebeyimi-
nyaka engamashumi mane anamnye ubu-
dala bake, akuba ngukumkani, waza wa-
pata ubukumkani iminyaka yalishumi eli-
nesixenxe e-Yerusaleme, isixeko abesi-
nyulile UYEHOVA kuzo zonke izizwe zo-Sira-
yeli, ukuba alibeke igama lake kona. Igama
lonina lalingu-Nahama, um-Hamonikazi.
14 Wayesenza okukohlakeleyo, ekubeni e-
bengabekisanga inkliziyo yake ukumfuna
UYEHOVA.
15 Nemicimbi ka-Rehobome, eyoku-
qala neyokupela, ayibàlwanga na yona
emazwini ka-Shemaya umprofite, no-Hido
umboni, esibàlelweni sokuzalwa? Kwa-
ye kuko imfazwe pakati kwo-Rehobome
no-Jerobome yonke imihla *yabo*. 16 Wada
walala u-Rehobome noyise bake, wancwa-
tywa esixekweni sika-Davide; waza u-
Abiya unyana wake waba ngukumkani esi-
kundhleni sake.

13 NGOWESHUMI linesibozo umnyaka
wokumkani u-Jerobome, waba nguku-
mkani u-Abiya pezu kwo-Juda. 2 Ibiyi-
minyaka mitatu wabepata ubukumkani e-
Yerusaleme. Igama lonina lalingu-Mika-
ya, intombi ka-Wuriyeli, owase-Gibeha.
Kwabekuko imfazwe pakati kwo-Abiya
no-Jerobome. 3 Waza u-Abiya wahlanga-
nisa ukulwa ngempi yamagora okulwa,
yamawaka angamakulu mane amadoda
anyuliweyo: wati no-Jerobome wacwa-
ngcisela ukulwa ngakuye, enamawaka a-
ngamakulu asibozo amadoda anyuliweyo,
amagora aburoti.
4 Wasuka wema u-Abiya pezu kwenta-
ba ye-Tsemarayime, esentabeni yakwa-Fra-
yime, wati: Ndipulapuleni, wena 'Jerobo-
me, no-Sirayeli bonke! 5 Ninga ninga-
kwazi na ukuba UYEHOVA, UTIXO wo-Siraye-
li, wanika ubukumkani ku-Davide pezu
kwo-Sirayeli kude kube ngunapakade, *kwa*
kuye nakonyana bake, ngocebanolwetyuwa?
6 Kanti upakamile u-Jerobome unyana
ka-Nebati, isicaka sika-Solomone unyana
ka-Davide, wavukela ngasenkosini yake.
7 Kuhlanganisene kuye namadoda ange-
ndawo, usapo lwobunginingini, abezikali-
pisa ngakuye u-Rehobome unyana ka-Solo-
mone, nxa u-Rehobome ebengumfana, eta-
mbile ngenkliziyo, ukuba ebengenako
ukuzomeleza ngakuwo. 8 Nakaloku niti
niya kuzomeleza ngakubo ubukumkani
BUKAYEHOVA, *obu*sesandhleni sonyana baka-
Davide: kanjalo nina nisisihlwele esiku-
lu, nakunye nani kuko amatole egolide,
lawo u-Jerobome abenenzela abe ngotixo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

9 Anibagxotanga na abaperisite BAKAYEHO-
VA, onyana baka-Arone, naba-Levi, naze-
nzela abaperisite njengabantu bamazwe?
ade ati osukuba esiza ukuzitwasisa ngeuku-
nzana elitole lenkomo nangenkunzi zegu-
sha ezisixenxe, abe ngumperisite wabange-
ngotixo. 10 Kodwa tina, UYEHOVA NGU-
TIXO wetu, asimshiyanga: kanjako abape-
risite, abakonzayo KUYEHOVA, bangonyana
baka-Arone; naba-Levi basemsebenzini
*wabo:* 11 bayatshisa KUYEHOVA amadini o-
kutshiswa ngokusa ngokusa nangokuhlwa
ngokuhlwa, nesiqumiso esimnandi: *baya-
lungisa* ukurozwa kwezonka pezu kwetafile
ecocekileyo; nekandelaro yegolide nezi-
bane zayo, ukuvutisa ngokuhlwa ngoku-
hlwa; ngokuba tina siwugcina isigcinelo
SIKAYEHOVA, UTIXO wetu; nina kanti nimshi-
yile. 12 Kanjalo, bona ke, kuko nati U-
TIXO ngokuba yinkloko, nabaperisite bena-
maxilongo okuvusa, ukuba bahlokomise
ivuso ngakuni. Lusapo luka-Sirayeli!
ningalwi ngakuye UYEHOVA, UTIXO woyihlo
benu; ngokuba ningayi kuhambiseka.

13 Kodwa u-Jerobome wazekelelisa aba-
laleli ukuza ngasemva kwabo: baza bako
*abanye* ngapambi kwo-Juda, nabalaleli
ngasemva kwabo. 14 Bati bakubekabeka
o-Juda, bona ke, banokulwa ngapambili
nangasemva; bandula bakala KUYEHOVA,
nabaperisite bahlokomisa amaxilongo. 15
Aza amadoda akwa-Juda amemeza: kwaza
kwati, akumemeza amadoda akwa-Juda,
wandula UTIXO wabeta u-Jerobome no-
Sirayeli bonke pambi kwo-Abiya no-Juda.
16 Lwasuka usapo luka-Sirayeli lwesaba
pambi kwo-Juda; waza UTIXO walunikela
esandhleni sabo. 17 Kekaloku u-Abiya
nabantu bake balubulala ngokubulala oku-
kulu; ada awa ehlatyiwe ko-Sirayeli ama-
doda anyuliweyo angamawaka angamakulu
mahlanu.

18 Lwaye lutotyiswa ke usapo luka-
Sirayeli ngexesha elo; kodwa usapo luka-
Juda lwaba namandhla, ngokuba belusa-
yama kuye UYEHOVA, UTIXO woyise balo.
19 Waza u-Abiya wamputuma u-Jerobome,
wazitimba kuye izixeko, i-Betele nama-
gxamesi ayo, ne-Yeshana namagxamesi
ayo, ne-Hefrone namagxamesi ayo. 20
Waye u-Jerobome engabi sabamba ama-
ndhla emihleni ka-Abiya: wati UYEHOVA
wambeta, wada wabuba.

21 Koko u-Abiya womelelayo; wazize-
kela abafazi abalishumi linesine, wazala
onyana abangamashumi mabini anesibini,
nentombi ezilishumi linesitandatu.

22 Nesisalela semicimbi ka-Abiya, ne-
mikwa yake, namazwi ake, ibàliwe yona
embalisweni yomprofite u-Iido.

14 WADA u-Abiya walala noyise bake,
wancwatywa esixekweni sika-Davide:
waza u-Asa unyana wake wapata ubuku-
mkani esikundhleni sake. Kweyake imi-
hla ilizwe lalonwabile iminyaka yali-
shumi.

2 Waye u-Asa esenza okulungileyo no-
kufaneleyo emehlweni KAYEHOVA, UTIXO
wake: 3 ngokuba ebesusa izibingelo *zo-
tixo* basemzini, nendawo ezipakamileyo;
waqekeza intsika *zamatye*, ne-Ashera wazi-
gaula; 4 kanjalo waxelela o-Juda uku-
bafune UYEHOVA, UTIXO woyise babo, u-
kuba benze ngomteto nangomyalelo.
Waza wazisusa kuzo zonke izixeko zakwa-
Juda indawo ezipakamileyo nezifanekisi-
zelanga: baye ubukumkani bonwabile pa-
mbi kwake.

6 Wayesaka izixeko ezinqatyisiweyo
kwa-Juda: ngokuba ilizwe belonwabile,
kungabangako imfazwe kuye ngalominyaka
nje; ngokuba ebempumzile UYEHOVA. 7
Ngako wabete ko-Juda: Makesizake izi-
xeko ezi, sizenze indonga ngokuti nqonga,
nennqaba, ingcango, nemivalo, nxa ilizwe
lisepambi kwetu: ngokuba simfunile UYE-
HOVA, UTIXO wetu; samfuna ke, wasipumza
ngamacala onke. Baza baka ke, bahambi-
seka. 8 Kekaloku u-Asa wabenempi ya-
mawaka angamakulu matatu abakwa-Juda,
betwele amakaka nemikonto, namawaka
angamakulu mabini anamashumi asibozo
abakwa-Benjamine, abatwali bengwele-
tshetshe nabatyedi bezipeta: bonke aba
bebengamagora aburoti.

9 Kwaye kupuma ngakubo u-Zera um-
Tiyopiya, enempi *yamadoda* angamawaka
aliwaka, nennqwelo ezingamakulu ma-
tatu; wayesiza kude kwase-Maresha. 10
Wandula u-Asa wapuma ngakuye; baza
bacwangcisela ukulwa esihlanjeni se-Tse-
fata ngase-Maresha. 11 Waye u-Asa wa-
biza KUYEHOVA, UTIXO wake, wati: YEHOVA!
asi 'nto kuwe ukunceda, nokuba ngabana-
mandhla, nokuba ngabaswele amandhla:
sincede, YEHOVA, TIXO wetu! ngokuba si-
sayama kuwe, nangegama lako sizile nga-
kuso esisihlwele. YEHOVA! UNGUTIXO wetu
wena; maingakwoyisi into engumntu.



University of Fort Hare
Together in Excellence

12 Waza UYEHOVA wabeta ama-Tiyopiya pa-
mbi kwo-Asa napambi kwo-Juda; ati ama-
Tiyopiya esaba. 13 Koko u-Asa nabantu
abebenaye bawaputuma kwada kwase-
Gerari; andula awa kuwo ama-Tiyopiya,
kwada akwabiko ukugcinwa kwobomi ku-
wo; ngokuba ebecitwa pambi KWOYEHOVA,
napambi kwomkosi wake: bada bemka na-
maxoba amaninzi kakulu. 14 Kanjalo ba-
beta zonke izixeko ezingqongayo i-Gerari;
ngokuba ulwoyiko LUKAYEHOVA belubako
pezu kwazo: baza bazipanga zonke izixeko
ezo; ngokuba impango enninzi ibipakati
kwazo. 15 Babeta nentente yenkomo, ba-
timba igusha ngento enninzi, nenkamela,
babuyela e-Yerusaleme.

15 KWAYE kusiza pezu kwo-Hazariya
unyana ka-Hodedi umoya KATIXO: 2
za wapuma ukuya kuhlangabeza u-Asa,
ti kuye: Ndipulapuleni, Asa, nabo bo-
e o-Juda no-Benjamine! UYEHOVA woba
ni, nxa niman' ukuba naye; kanjalo
kuba niyamfuna, uya kufunyanwa nini;
anti ukuba niyamshiya, uya kushiya ni-
na. 3 Kekaloku kwasekuntsuku ezinninzi
o-Sirayeli bebengenaye UTIXO wennyaniso,
nomperisite wokufundisa, nomteto. 4 Ko-
dwa bakuguqukela KUYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, ekuxinezekeni kwabo, bamfuna
ke, waselefunyanwa ngabo. 5 Kanjako,
ngamaxesha lawo, bekungeko uxolo ku-
lowo upumayo, nakulowo ungenayo; koko
izipitipiti ezikulu bezipezu kwabo bonke
abemi bamazwe; 6 bada batyunyuzwa, isi-
zwe ngakuso isizwe, nesixeko ngakuso isi-
xeko: ngokuba UTIXO wabapitizelisa ngen-
klobo zonke zobunzima. 7 Ngako nina yo-
meleleni: mazingapolelwa izandhla zenu:
ngokuba kuko umvuzo emsebenzini wenu.
8 Wati akuva u-Asa lamazwi, nesiprofi-
tesho sika-Hodedi umprofite, wazomeleza,
wakwelelisa izinto ezibuntshontsho kulo
lonke ilizwe lakwa-Juda nelakwa-Benja-
mine, nakuzo izixeko wabezitimbile enta-
beni yakwa-Frayime, wahlaziya isibingelo
SIKAYEHOVA, esibe sipambi kwentendelezo
KAYEHOVA. 9 Waza wahlanganisa bonke
o-Juda no-Benjamine, nabasemzini kunye
nabo, bevela kwa-Frayime, nakwa-Manase,
nakwa-Simone: ngokuba bebepongomela
kuye ko-Sirayeli ngento enninzi, bakubona
ukuba UYEHOVA, UTIXO wake, unaye. 10
Baya bazihlanganisela e-Yerusaleme, ngen-
nyanga yesitatu, ngoweshumi linesihlanu
umnyaka wobukumkani buka-Asa. 11 Baza
babingela UYEHOVA ngomhla lowo, kuwo
amaxoba babewazisile, inkabi ezingama-
kulu asixenxe, negusha ezingamawaka asi-
xenxe. 12 Baye bengena elucebanweni,
ukuba bamfune UYEHOVA, UTIXO woyise
babo, ngayo yonke inkliziyo yabo, na-
ngawo wonke umpefumlo wabo; 13 no-
kuba osukuba engayi kumfuna UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, afiswe, nokuba umnci-
nane, nokuba umkulu, nokuba uyindoda,
nokuba ungumfazi. 14 Baye befunga KU-
YEHOVA ngelizwi elikulu, nangokumemeza,
nangamaxilongo, nangempondo. 15 Bati
o-Juda bonke bavuya pezu kwesifungo
eso: ngokuba ngayo yonke inkliziyo yabo
bebefungile, nangayo yonke intando yabo
bebemfunile: wada wafunyanwa ngabo,
waza UYEHOVA wabanika ukupumla ngokuti
ngqonga.
16 Kanjako no-Mahaka, unina ka-Asa
ukumkani, wamshenxisa ukuba angabi
ngukumkanikazi, ngokokuba ebelenzile
idalo ku-Ashera; waza u-Asa wagaula ida-
lo lake, walikanda, walitshisa ngasemla-
njaneni we-Kidrone. 17 Kodwa indawo
ezipakamileyo bezingasuswa kwa-Sirayeli:
noko inkliziyo ka-Asa ibikolisekile yonke
imihla yake. 18 Wayezingenisa izinto
ezingcwele zoyise, nezake izinto ezingcwe-
le, endhlwini KATIXO, isilivere, negolide,
nempahla.
19 Kwaza akwabiko imfazwe kwada
kwangumnyaka wamashumi matatu anesi-
hlanu wobukumkani buka-Asa.

16 KEKALOKU ngomnyaka wamashumi
matatu anesitandatu wobukumkani
buka-Asa, kwenyuka u-Bahasha ukumkani
wo-Sirayeli ngakwa-Juda, wayaka i-Rama,
ukuze angavumeli namnye ukupuma no-
kungena ku-Asa ukumkani wo-Juda.
2 Wandula u-Asa wakupa isilivere ne-
golide ezindyetyweni zendhlu KAYEHOVA
nendhlu yokumkani, watuma ku-Bene-
hadadi, ukumkani we-Siriya, obehlala e-
Damakusi, esiti: 3 Kuko ucebano pakati
kwami nawe, napakati kwobawo wami
noyihlo wako: bona ke, nditumile kuwe
isilivere negolide; hamba, wapule ucebano
lwako no-Bahasha ukumkani wo-Sirayeli,
ukuba enyuke kumi. 4 Wapulapula ke
u-Bene-hadadi kukumkani u-Asa, watuma
inkosi zezimpi abenazo ngakuzo izixeko
zakwa-Sirayeli; zaza zabeta i-Hiyone, ne-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Dane, ne-Abele-mayime, nazo zonke izi-
xeko zokubekela zakwa-Nefatali. 5 Kwaza
kwati, nxa abevile *oku* u-Bahasha, wayeka
ukwaka i-Rama, wapelisa umsebenzi wake.
6 Wandula u-Asa ukumkani watabata o-
Juda bonke, abasusa amatye e-Rama, ne-
miti yayo, abe akile ngazo u-Bahasha:
waza waka ngazo i-Geba ne-Mitsipa.

7 Kwa ngeloxesha ke, kweza u-Hanani
umboni ku-Asa ukumkani wo-Juda, wati
kuye: Ngenxa yokuba wayamile kuku-
mkani we-Siriya, ungayamanga nje KUYE-
HOVA, UTIXO wako, ngako oko isindile impi
yokumkani we-Siriya esandhleni sako. 8
Ama-Tiyopiya nama-Libiya ebengeyiyo
impi enkulu na, enento enninzi kakulu
yenuqwelo nabakweli bamahashe? Kodwa,
wakwayama KUYEHOVA, wawanikela esa-
ndhleni sako. 9 Ngokuba UYEHOVA, amehlo
ake ayasingasinga kuwo wonke umhlaba,
ukuba azomelezele abankliziyo ikolisekile
ngakuye. Wenzile ngobudenge ngalento;
ngokuba kaloku kuya kumana kubako
imfazwe kuwe.

10 Waza u-Asa waqumbela umboni,
wamfaka entolongweni; ngokuba ebe-
nomsindo ngakuye pezu kwalento. Waye
u-Asa kanjalo encinezela abantu ngexesha
elo innxennye.

11 Kekaloku, bona ke, imicimbi ka-Asa,
eyokuqala neyokupela, bona ke, ibàliwe
yona encwadini yokumkani bo-Juda no-
Sirayeli. 12 Kodwa ngowamashumi ma-
tatu anesitoba umnyaka wobukumkani
bake, wabenesifo u-Asa ezinnyaweni zake,
sada isifo sake saba sikulu kunene: kanti
nasesifeni sake akafuna UYEHOVA, koko *wa-
funa* inncibi zamayeza. 13 Wada u-Asa
walala noyise bake; wabuba ngomnyaka
wamashumi mane anesinye wokupata
kwake ubukumkani. 14 Baza bamncwaba
encwabeni lake, elo wabezimbele esixekwe-
ni sika-Davide, bamlalisa esililini abeliza-
lisile ngezimnandi, kwa inklobo ngenklobo,
zimanyiwe ngobuncibi bomenzi wezimuka-
mnandi; bamtshisela isitshiselwa esikulu
kakulu kanjalo.

17 WAZA u-Yehoshafate unyana wake
waba ngukumkani esikundhleni sake,
wazomeleza ngako-Sirayeli. 2 Wayebeka
izimpi kuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo
zakwa-Juda, wazimisa ilali elizweni lakwa-
Juda, nasezixekweni zakwa-Frayime, ezo
wabezitimbile u-Asa uyise. 3 Kanjalo
UYEHOVA ebenaye u-Yehoshafate, ngokuba
wahambayo ngezokuqala indhlela zika-
Davide uyise, akafuna ke o-Bali; 4 koko
wamfuna UTIXO woyise, wahamba ngemiya-
lelo yake, aka*hamba* ngokwenza kwo-Sira-
yeli. 5 Ngako UYEHOVA wabuqinisa ubu-
kumkani esandhleni sake; bati o-Juda
bonke banika amabaso ku-Yehoshafate;
wada wanobutyebi nodumo ngento enninzi.
6 Yaza inkliziyo yake yapakama ezindhle-
leni ZIKAYEHOVA: nakanjako wasusa inda-
wo ezipakamileyo nemifanekiso ka-Ashera
kwa-Juda.

7 Kekaloku ngowesitatu umnyaka wo-
kupata kwake ubukumkani watumela
kwinkosi zake, ku-Bene-hayili, naku-
Hobadiya, naku-Zekariya, naku-Netaneli,
naku-Mikaya, ukuba kufundiswe ezixe-
kweni zakwa-Juda. 8 Nakunye nabo
*watuma* aba-Levi, u-Shemaya, no-Netaniya,
no-Zebadiya, no-Hasaheli, no-Shemiramote,
no-Jonatane, no-Adonija, no-Tobiya, no-
Tobe-adonija, aba-Levi; nakunye nabo
u-Elishama, no-Yerohame, abaperisite. 9
Baza bafundisa kwa-Juda, benayo incwadi
yomteto KAYEHOVA, bacanda kuzo zonke
izixeko zakwa-Juda, bafundisa pakati kwa-
bantu.

10 Kwaye kubako ulwoyiko LUKAYEHOVA
pezu kwabo bonke ubukumkani bamazwe
angqongayo i-Juda, ukuba abenza imfazwe
ngakuye u-Yehoshafate. 11 Kanjalo *in-
nxennye* yama-Filistiya yamzisela u-Yeho-
shafate amabaso, nesilivere yokunikela;
nama-Arabi amzisela inkomo ezinncinane,
inkunzi zegusha ezingamawaka asixenxe
anamakulu asixenxe, nenkunzi zebokwe
ezingamawaka asixenxe anamakulu asixe-
nxe. 12 Waye u-Yehoshafate emana ukuba
'mkulu ngento egqitiseleyo; waza waka
kwa-Juda innqaba nezixeko zokubekela.
13 Wayenemisebenzi emininzi ezixekweni
zakwa-Juda: kanjako amadoda okulwa,
amagora oburoti, ebese-Yerusaleme.

14 Nanku ukubalwa kwawo njengendhlu
zoyise zawo. Awakwa-Juda, inkosi zama-
waka: ngu-Hadena oyinkosi, nakunye naye
amagora oburoti angamawaka angamakulu
matatu: 15 nasemva kwake ngu-Jehohanane
oyinkosi, nakunye naye amawaka anga-
makulu mabini enamashumi asibozo: 16
nasemva kwake ngu-Hamasiya unyana ka-
Zikeri, owazinikela KUYEHOVA ngokutume-
kelela, nakunye naye amawaka angama-
kulu mabini amagora oburoti. 17 Nakubo



University of Fort Hare
Together in Excellence

o-Benjamine: ngu-Eliyada, igora loburoti,
nakunye naye amawaka angamakulu ma-
bini epete isipeta nekakana: 18 nasemva
kwake ngu-Yehozabadi, nakunye naye
amawaka alikulu linamashumi asibozo
exòbele ukulwa. 19 La*madoda* akonza
ukumkani, ngapandhle kwabewabekile
ukumkani ezixekweni ezinqatyisiweyo
kuyo yonke i-Juda.

18 KEKALOKU u-Yehoshafate ebenobu-
tyebi nodumo ngento enninzi; wa-
tshatiselana no-Ahabi kanjalo. 2 Waye-
sihla ekupeleni kweminyaka *etile* waya
ku-Ahabi e-Samariya. Waza u-Ahabi wa-
xèlela yena nabantu ababenaye igusha
nenkabi, into enninzi, wamcenga ukuba e-
nyuke *naye* ukuya e-Ramote yase-Gileyadi.
3 Ngokuba ebesiti u-Ahabi ukumkani wo-
Sirayeli kuye u-Yehoshafate ukumkani
wo-Juda: Uya kuhamba na nami ukuya
e-Ramote yase-Gileyadi? Wayesiti kuye:
Ndinjalo mina, njengokuba unjalo wena,
nanjengokuba benjalo abantu bako, ba-
njalo abantu bami; sasiya kuba nawe ku-
lemfazwe.
4 Walekela u-Yehoshafate wati kuye
ukumkani wo-Sirayeli: Kaubuze ke
namhla elizwini LIKAYEHOVA. 5 Wandula
ukumkani wo-Sirayeli wahlanganisa aba-
profite, amadoda angamakulu mane, wati
kubo: Siya kuya e-Ramote yase-Gileyadi
ukulwa, ndiya kuyeka, kusinina? Bati:
Nyuka; ngokuba UTIXO eya kuyinikela
esandhleni sokumkani.
6 Wati kodwa u-Yehoshafate: Akuseko
na apa umprofite KAYEHOVA, ukuba sibuze
ngaye? 7 Waza ukumkani wo-Sirayeli
wati ku-Yehoshafate: Kuseko indoda innye,
ekungabuzwayo KUYEHOVA ngayo, kodwa
ndiyayitiya, ngokuba ingaprofiteshi nga-
mi okulungileyo, koko *iprofitesha* okubi
ngamaxesha onke; nguye u-Mikaya unya-
na ka-Yimla. Wayesiti u-Yehoshafate:
Makangatsho njalo ukumkani!
8 Wandula ukumkani wo-Sirayeli wam-
biza umbusi, wati: Nxama umzise u-
Mikaya unyana ka-Yimla. 9 Kekaloku
ukumkani wo-Sirayeli, no-Yehoshafate u-
kumkani wo-Juda, bahlala omnye nomnye
pezu kweterone yake, bevatisiwe ngezi-
vato *zobukumkani*, behleli enkundhleni nga-
semnyango wesango le-Samariya; bati
abaprofite bonke baprofitesha ebusweni
babo. 10 Kanjalo u-Zedekiya unyana ka-
Kenana ebezenzele impondo zesincete; waza
wati: Utsho UYEHOVA ukuti: Ngazo ezi uya
kunquba ama-Siriya ude uwagqibele. 11
Benje njalo nabaprofite bonke ukuprofite-
sha, besiti: Nyuka uye e-Ramote yase-
Gileyadi, utamsanqeleke; ngokuba UYE-
HOVA eya kuyinikela esandhleni sokumkani.
12 Kekaloku isigidimi esibe siye ukum-
biza u-Mikaya sateta kuye, sisiti: Bona
ke, amazwi abâprofite ngomlomo 'mnye
*ateta* okulungileyo kukumkani; makeliti
ke ilizwi lako libe njengelomnye kubo, uz'
utete okulungileyo. 13 Wati kodwa u-
Mikaya: Ehleli nje UYEHOVA, oko akutsho-
yo UTIXO wami, ndiya kuteta kwa kona.
14 Wasuka weza kukumkani.
Waza wati ukumkani kuye: Mikaya!
siya kuya e-Ramote yase-Gileyadi ukulwa,
ndiya kuyeka, kusinina? Wayesiti: Nyu-
kani, nitamsanqeleke; ngokuba beya ku-
nikelwa esandhleni senu. 15 Waza wati
ukumkani kuye: Kwoda kube ngamaxe-
sha mangapina ndiya kukufungisa, ukuba
ungateti 'nto kumi, kupela ibe yinnyaniso,
egameni LIKAYEHOVA? 16 Wayesiti: Nda-
bona o-Sirayeli bonke bete sa pezu kwen-
taba, njengegusha ezingenaye umalusi;
wati ke UYEHOVA: Akuko inkosi kubo aba;
mababuye abanye ngabanye baye ezin-
dhlwini zabo ngoxolo.
17 Waza ukumkani wo-Sirayeli wati ku-
Yehoshafate: Andite kuwe na, akayi ku-
profitesha ngami okulungileyo, koko *eya
kuprofitesha* okubi?
18 Wayesiti: Ngako oko yivani ilizwi
LIKAYEHOVA: Ndabona UYEHOVA ehleli pe-
zu kweterone yake, nawo wonke umkosi
wasezulwini umi ngasekunene kwake na-
ngasekohlo kwake. 19 Waza wati UYEHO-
VA: Ngubanina oya kuhenda u-Ahabi u-
kumkani wo-Sirayeli, ukuba enyuke, enza-
kale e-Ramote yase-Gileyadi? Wati om-
nye esiti ngokuti, nomnye esiti ngokuti.
20 Wada wapuma umoya, wema pambi
KWOYEHOVA, wati: Ndiya kumhenda mina.
Wati UYEHOVA kuye: Nganina? 21 Wa-
yesiti: Ndiya kupuma, ndize ndibe ngu-
moya wobuxoki emlonyeni wabo bonke
abaprofite bake. Wati: Uya kuhenda,
wauya kweyisa kanjalo; puma, wenje nja-
lo ke. 22 Ngako kaloku, bona ke, UYEHOVA
ubekile umoya wobuxoki emlonyeni wabo
ababaprofite bako; kanjalo UYEHOVA ute-
tile ngawe okubi.
23 Wandula wasondela u-Zedekiya



University of Fort Hare
Together in Excellence

unyana ka-Kenana, wambeta u-Mikaya
esidhleleni, wati : Wadhlula ngayipina in-
dhlela umoya KAYEHOVA evela kumi ukuya
kuteta nawe ? 24 Wayesiti u-Mikaya :
Bona ke, uya kubona ngalommini uya ku-
ngena ngayo enkambilini yapakati, ukuba
uzimele.

25 Waza wati ukumkani wo - Sirayeli :
Tabatani u-Mikaya, nimbuyisele ku-Amo-
ni inkosi yesixeko, naku-Yohashe unyana
wokumkani, 26 niti : Utsho ukumkani
ukuti : Fakani lo entolongweni, nimdhlise
isonka sembandezelo namanzi embandezelo,
ndide ndibuye ngoxolo. 27 Waza wati u-
Mikaya : Ukuba uka ubuye ngoxolo, UYE-
HOVA akatetanga ngami. Walekela wati :
Pulapulani, bantu, nina nonke !

28 Wandula wenyuka ukumkani wo-
Sirayeli, no-Yehoshafate ukumkani wo-
Juda, ukuya e-Ramote yase-Gileyadi.
29 Waza ukumkani wo-Sirayeli wati ku-
Yehoshafate : Ndiya kuzenza ngakumbi,
ndingene pakati kwokulwa ; kodwa wena,
yambata izivato zako *zobukumkani*. Kwa
njalo ukumkani wo-Sirayeli wazenza nga-
kumbi ; baza bangena pakati kwokulwa.
30 Kekaloku ukumkani we-Siriya ebeyalele
inkosi zennqwelwana abenazo, ngokuti :
Aniyi kulwa kwa nabancinane nabaku-
lu, kupela *niya kulwa* nokumkani wo-
Sirayeli yedwa. 31 Kwaye kute, xeshe-
kweni inkosi zennqwelwana zambonayo u-
Yehoshafate, zasezisiti : Ngukumkani wo-
Sirayeli lowo. Zaza zamraula kuliwe ; ko-
dwa u-Yehoshafate wakala, wati UYEHOVA
wamsiza ; wada UTIXO wazinqanda kuye.
32 Ngokuba bekute, zakubona inkosi zen-
nqwelwana ukuba asi nguye ukumkani
wo-Sirayeli, zabuya ekumlandeleni. 33
Yandula indoda *etile* yatyeda isipeta eku-
ngazini kwayo, yambeta ukumkani wo-
Sirayeli pakati kwamakonxo nehempe yen-
tsimbi. Ngako wati kumbexeshi : Songa
isandhla sako, upume nami emkosini ;
ngokuba ndenziwe inxeba. 34 Kwaye
kusanda ukulwa ngalommini ; waza uku-
mkani wo-Sirayeli wazixasa ennqwelwa-
neni malungana nama-Siriya kwada kwa-
hlwa ; wada wafa ngexesha lokutshona
kwelanga.

19 Wasuka u-Yehoshafate ukumkani
wo-Juda wabuyela endhlwini yake
ngoxolo, e -Yerusaleme. 2 Waza wapu-
ma u-Jehu unyana ka-Hanani, umboni,
ukuya kumhlangabeza, wati kukumkani
u-Yehoshafate : Unga unceda na okohla-
keleyo, nabo bamtiyayo UYEHOVA ubatande
na ? ngako ngennxa yoku kupezu kwako
umsindo uvela ebusweni BUKAYEHOVA. 3
Noko ke izinto ezilungileyo zifunyenwe
kuwe, ukuba uyisusile imifanekiso ka-
Ashera elizweni, nokuba uyibekisile inkli-
ziyo yako ukumfuna UTIXO.

4 KEKALOKU u-Yehoshafate wahlala
e-Yerusaleme : wada wabuya wapuma
pakati kwabantu, kwa kuyo i-Beresheba
kwada kwakuyo intaba yakwa-Frayime,
wababuyisela KUYEHOVA, UTIXO woyise
babo.

5 Waza wamisa abagwebi elizweni, ku-
zo zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwa-
Juda, isixeko ngesixeko, 6 wati kubagwe-
bi : Gqalani oko nikwenzayo ; ngokuba
kungengennxa yabantu enigwebayo, koko
kungennxa KAYEHOVA, okunye nani entweni
yokugweba. 7 Ngako kaloku ulwoyiko
LUKAYEHOVA malube pezu kwenu : lumkani
nenze ke ; ngokuba kungeko NOYEHOVA,
UTIXO wetu, ubumenemene, nokubuka ubu-
so, nokwamkela amabaso.

8 Nakanjako e -Yerusaleme wamisa u-
Yehoshafate innxennye yaba-Levi nabape-
risite, nennxennye yabazinkloko *zendhlu*
zoyise zo - Sirayeli, ngennxa yokugweba
KUKAYEHOVA, nangennxa yamapike ; baku-
buyela e-Yerusaleme. 9 Waza wabayalela
ngokuti : Niya kwenje njalo ngokwoyika
UYEHOVA, ngennyaniso, nangenkliziyo eko-
lisekileyo. 10 Nawo onke amapike aya
kuza kuni, evela kubo abazalwana benu
abahleli ezixekweni zabo, pakati kwegazi
negazi, pakati kwomteto nomyalelo, nezi-
miselo, nezigwebo, niya kwandula nibayale
ukuba mabangabi natyala ngakuye UYEHO-
VA, ude uhle umsindo pezu kwenu, na-
pezu kwabazalwana benu : yenzani njalo
ke, naningayi kuba natyala. 11 Kanjako,
bona ke, u-Amariya, umperisite omkulu,
upezu kwenu ngennxa yayo yonke imi-
cimbi KAYEHOVA ; no-Zebadiya unyana ka-
Shimayeli, inkosi yendhlu ka-Juda, ngen-
nxa yayo yonke imicimbi yokumkani ; boti
naba-Levi babe ngamagosa ebusweni benu :
yomelelani nenze ke, waye UYEHOVA eya
kuba nalowo ulungileyo.

20 KWABEKUTE emveni kwoku, kwe-
za usapo luka-Mowabi, nosapo luka-
Hamoni, nakunye nalo *abanye* ngapandhle



2 E

University of Fort Hare
Together in Excellence

kwaba - Hamoni, ngakuye u -Yehoshafate
ukuba kuliwe. 2 Baza bafika *abatile*
bamxelela u-Yehoshafate, besiti : Kuyeza
ngakuwe isihlwele esikulu sivela pesheya
kwolwandhle, e-Siriya; nabaya e-Hatse-
tsone-tamare, eyi-Hene-gedi. 3 Waza
woyika u-Yehoshafate, wabeka ubuso bake
ukumfuna UYEHOVA, washumayela inzilo
kuyo yonke i-Juda. 4 Bazihlanganisa o-
Juda kanjalo, ukuba bafune *uncedo* KUYE-
HOVA : bavela kwa kuzo zonke izixeko
zakwa-Juda ukuza kumfuna UYEHOVA.

5 Waza wema u-Yehoshafate enklanga-
nisweni yo-Juda ne-Yerusaleme, endhlwi-
ni KAYEHOVA, ngapambi kwebala elitsha, 6
wati : YEHOVA, TIXO wobawo betu! aku-
nguye na wena ONGUTIXO ezulwini? aku-
pati ubukosi na wena pezu kwabo bonke
ubukumkani babaheyideni? nasesandhleni
sako *akuko* na ukwomelela namandhla, ku-
ngeko ongamelana nawe? 7 Akunguwe
na, UTIXO wetu, owagqogqayo abemi be-
lilizwe pambi kwabantu bako o-Sirayeli,
waza walinika kuyo inzalo ka-Abrahame
umhlobo wako kude kube ngunapakade?
8 Bada bahlala kulo, bakwakela kulo inda-
wo eyingcwele ngennxa yegama lako, be-
siti : 9 Xoshekweni ilishwa lizayo pezu
kwetu, isirelo, umgwebo, nesifo esibubi-
sayo, nendhlala, siya kuma pambi kwale-
ndhlu, napambi kwako, (ngokuba igama
lako likuyo indhlu le,) sikale kuwe ebu-
nzimeni betu, wauya kwandula ukuva
nokusiza. 10 Nakaloku, bona ke, usapo
luka-Hamoni, noluka-Mowabi, nolwasenta-
beni ye-Sehire, olo ubungavumeli o-Sira-
yeli ukuba bangene pakati kwalo, ekuve-
leni kwabo elizweni le-Jipete, koko ba-
pambukayo kulo, bengalutshabalalisanga ;
11 kekaloku, bona ke, luyasivuza ngokuza
ukusigxota elifeni lako, osinikileyo uku-
lidhla. 12 TIXO wetu! akuyi kulugweba
na? ngokuba kungeko amandhla kuti ebu-
sweni besisihlwele sikulu esizayo ngaku-
ti; kanjako asazi tina into esiya kuyenza:
kodwa amehlo etu angakuwe.

13 Baye o-Juda bonke bemi pambi KWO-
YEHOVA, kwa nosapo lwabo, abafazi babo
nabantwana babo.

14 Kwandula kweza pezu kwake u-Yaha-
ziyeli, unyana ka-Zekariya, unyana ka-
Benaya, unyana ka-Yeyeli, unyana ka-
Mataniya, um-Levi, owonyana baka-Safa,
umoya KAYEHOVA, pakati kwenklanganiso;
15 waza wati : Pulapulani, bo-Juda bonke,
nabemi base-Yerusaleme, nokumkani 'Ye-
hoshafate ! utsho UYEHOVA kuni ukuti :
Ningoyiki, ningatuswa kanjalo, ngennxa
yesisihlwele sikulu ; ngokuba kungeko-
kwenu ukulwa oku, kukoKUKATIXO. 16
Ngomso yihlani niye ngakulo : bonani, lu-
yanyuka ngeqina le-Tsitse ; naniya kulu-
fumana enncameni yentili, pambi kwen-
klango ye-Yeruweli. 17 Asi kokwenu
ukulwa koku*kulwa :* zimiseni, yimani ni-
bone usindiso LUKAYEHOVA onani, bo-Juda
ne-Yerusaleme! ningoyiki, ningatuswa ka-
njalo ; ngomso pumelani ngakulo ; ngokuba
UYEHOVA enani. 18 Waza u-Yehoshafate
watoba pantsi ngobuso ngasemhlabeni ;
bati o-Juda bonke nabemi base-Yeru-
saleme bawa pambi KWOYEHOVA, bembede-
sha UYEHOVA. 19 Basuka bema aba-Levi,
kulo usapo lwama - Kohati, nakulo usapo
lwama-Kora, ukumdumisa UYEHOVA, UTIXO
wo - Sirayeli, ngelizwi elikulu ngokupe-
zulu.

20 Baza bavuka kusasa ngomnye umhla,
bapuma ukuya enklango yase-Tekoha ;
nasekupumeni kwabo wema u-Yehoshafate,
wati : Ndipulapuleni, bo-Juda, nabemi
base-Yerusaleme ! kolwani KUYEHOVA, UTIXO
wenu, naniya kuqiniswa ; kolwani kuba-
profite bake, naniya kutamsanqeleka. 21
Wandula wacebisana nabantu, wamimisela
UYEHOVA abaculi, abaya kudumisa ebu-
hleni bobungcwele, bakupuma pambi kwa-
baxòbileyo, besiti : Bulelani KUYEHOVA ;
ngokuba ububele bake bungunapakade.

22 Kekaloku ngexesha baqalayo ukuvu-
ma nokudumisa, wandula UYEHOVA wamisa
abalaleli ngakulo usapo luka-Hamoni, *no-*
luka-Mowabi, nolwasentabeni ye-Sehire,
olube luzile ngakubo o-Juda ; lwaza lwa-
betwa ke. 23 Ngokuba usapo luka-Ha-
moni noluka-Mowabi belusukela ngakubo
abemi bentaba ye-Sehire, ukuze lugqibele
ukubabulala nokubatshabalalisa ; naxeshe-
kweni belupelisile abemi bentabà ye-
Sehire, lwanceda olunye ukububisa olu-
nye.

24 Bati bakufika o-Juda ngasennqatyeni
yokulinda enklango, babeka ngasesihlwe-
leni ; kekaloku nasiya siyimizimba efileyo
iwile pantsi emhlabeni, kungasindanga
'mntu. 25 Kwandula ukuza u -Yehosha-
fate nabantu bake ukupanga amaxoba abo,
bafumana pakati kwabo ngobuninzi, kwa
impahla, nemizimba efileyo, nezinto ezi-
nqwenelekileyo, bazihlubela kwada kwa-



University of Fort Hare
Together in Excellence

kohlwa 'kutwalwa: bayo bentsuku 'ntatu
bepanga amaxoba lawo, ngokuba ebema-
ninzi wona.
26 Nangolwesine usuku, bazihlangani-
sela emhlanjeni we-Beraka; ngokuba apo
bambonga UYEHOVA: ngako oko kwabizwa
igama lalondawo ngokuti ngumhlambo we-
Beraka* kwada kwanamhla.
27 Ada abuya onke amadoda akwa-Juda
nawase-Yerusaleme, no-Yehoshafate epa-
mbi kwawo, ukuya kubuyela e-Yerusaleme
ngovuyo; ngokuba UYEHOVA ebewavu-
yisile pezu kwentshaba zawo. 28 Aye
esiza e-Yerusaleme, enenebele, nehadi,
namaxilongo, endhlwini KAYEHOVA. 29
Kwasuka kwabako ulwoyiko LUKATIXO
pezu kwabo bonke ubukumkani balo-
mazwe, bakuva okokuba kwaliwa NGUYE-
HOVA ngakuzo intshaba zo-Sirayeli. 30
Baza ubukumkani buka-Yehoshafate bo-
nwaba; ngokuba UTIXO wako wamnika
ukupumla ngokuti ngqonga.
31 Kwa njalo u-Yehoshafate wapata
ubukumkani pezu kwo-Juda: ebeyiminya-
ka imashumi matatu anesihlanu ubudala
bake, akuba ngukumkani; wapata ubu-
kumkani iminyaka yamashumi mabini
anamihlanu e-Yerusaleme. Igama lonina
belingu-Hazuba, intombi ka-Shilihi. 32
Waye ehamba ngendhlela yoyise u-Asa,
akapambuka kuyo, esenza okufaneleyo
emehlweni KAYEHOVA: 33 kodwa indawo
ezipakamileyo bezingasuswa; ngokuba
abantu bengekabekisanga inkliziyo zabo
kuye UTIXO woyise babo.
34 Nesisalela semicimbi ka-Yehosha-
fate, eyokuqala neyokupela, bona ke, ibà-
liwe yona emazwini ka-Jehu unyana ka-
Hanani, abefakwa encwadini yokumkani
bo-Sirayeli.
35 Nasemva kwoko, u-Yehoshafate u-
kumkani wo-Juda watelelana no-Ahaziya
ukumkani wo-Sirayeli, owakohlakalisa
ukwenza *kwake*: 36 wayetelelana naye
ukuba kwenziwe innqanawa ukuya e-
Tareshishe: baza bazenza innqanawa e-
Hetsiyone-gebere. 37 Wandula u-Eliye-
zeri, unyana ka-Dodava, owase-Maresha,
waprofitesha ngakuye u-Yehoshafate, esi-
ti: Ngokokuba utelelene no-Ahaziya, UYE-
HOVA uyicitile imisebenzi yako. Kwa njalo
innqanawa zapuka, zaza zakohlwa ukuya
e-Tareshishe.

21 WADA u-Yehoshafate walala noyise
bake, wanewatywa noyise bake esi-
xekweni sika-Davide; waza u-Yehorame
unyana wake waba ngukumkani esiku-
ndhleni sake. 2 Wayenabaninawe, onyana
baka-Yehoshafate, u-Hazariya, no-Yehili,
no-Zekariya, no-Hazariya, no-Mikaheli,
no-Shefatiya: bonke aba bebengonyana
baka-Yehoshafate ukumkani wo-Sirayeli.
3 Wati uyise wabo wabapa amabaso ama-
ninzi, awesilivere, nawegolide, nawezinto
ezinqabileyo, kunye nezixeko ezinqatyisi-
weyo kwa-Juda; kodwa ubukumkani wa-
bunika ku-Yehorame; ngokuba ebengowa-
mazibulo yena. 4 Kekaloku xeshekweni
abevukile u-Yehorame pezu kwobukumka-
ni boyise, wandula wazomeleza, wabulala
bonke abaninawe bake ngesirele, kwa nen-
nxennye yenkosi zakwa-Sirayeli.
5 Ebeyiminyaka imashumi matatu ana-
mibini u-Yehorame ubudala bake, akuba
ngukumkani, wapata ubukumkani e-Yeru-
saleme iminyaka yasibozo. 6 Wayehamba
endhleleni yokumkani bo-Sirayeli, njengo-
kuba benje njalo indhlu ka-Ahabi; ngo-
kuba intombi ka-Ahabi ibingumfazi wake;
wayesenza okukohlakeleyo emehlweni KA-
YEHOVA. 7 Kodwa UYEHOVA ebengavumi
ukutshabalalisa indhlu ka-Davide, ngen-
nxa yocebano abelwenzile no-Davide; na-
njengokuba ebete uya kunika isibane
kuye, nakonyana bake, amaxesha onke.
8 Emihleni yake ama-Edome apongoma
pantsi kwesandhla so-Juda, enza uku-
mkani pezu kwawo. 9 Waza wagqita u-
Yehorame kunye nenkosi zake, nazo zo-
nke innqwelwana kunye naye; wasele-
suka ebusuku, wabeta ama-Edome abem-
gqonga, nenkosi zennqwelwana. 10 Noko
ama-Edome apongoma pantsi kwesandhla
so-Juda kwada kwanamhla nje. Kwandula
kwapongoma i-Libena kwa ngeloxesha ke
pantsi kwesandhla sake; ngokuba ebem-
shiyile UYEHOVA, UTIXO woyise bake.
11 Kanjako wazenza indawo ezipakami-
leyo ezintabeni zakwa-Juda, wenza abemi
base-Yerusaleme bawenze umbulo, waba-
kukulisa no-Juda. 12 Kwaza kwafika
kuye isibàlo, sivela ku-Elija umprofite,
sisiti: Utsho UYEHOVA, UTIXO ka-Davide
uyihlo wako, ukuti: Ngennxa yokuba
ungahambanga ezindhleleni zika-Yehosha-
fate uyihlo wako, nasezindhleleni zika-Asa
ukumkani wo-Juda, 13 kodwa uhambile
endhleleni yabo okumkani bo-Sirayeli,

* *Oko kukuti:* wom-Bongo.





University of Fort Hare
Together in Excellence

wenza o-Juda nabemi base-Yerusaleme ba-
wenze umbulo, njengemibulo yendhlu ka-
Ahabi ; nokuba kanjalo ubabulele abani-
nawe bako bendhlu kayihlo, abebelungile
ngapezu kwako ; 14 bona ke, UYEHOVA
uya kubeta ngesibeto esikulu abantu bako,
nabantwana bako, nabafazi bako, nayo yo-
nke impahla yako : 15 nawe uya kuba
sezifeni ezininzi, ngaso isifo samatumbu
ako, ade apume amatumbu ako ngennxa
yesifo eso imihla ngemihla.

16 Kwa njalo UYEHOVA wawuvusa nga-
kuye u-Yehorame umoya wama-Filistiya,
nowama-Arabi, lawo asecaleni lama-Kushe.
17 Aza enyuka pakati kwe-Juda, ayoyisa,
atimba yonke impahla ebifunyanwa en-
dhlwini yokumkani, kwa nonyana bake,
nabafazi bake ; kwada akwamshiyelwa u-
nyana, kupela u-Yehowahazi, omncinane
wonyana bake. 18 Nasemva kwako ko-
nke oku, UYEHOVA wambeta ematunjini
ake ngesifo esingenakupiliswa. 19 Kwaza
kwati emva kwemihla emininzi, kwa nge-
xesha lokufika kwesipelo seminyaka mi-
bini, apuma amatumbu ake ngennxa yeso-
sifo ; wada wabuba zizifo ezibi : baye
abantu bake bengamenzeli isitshiselwa,
njengesitshiselwa soyise bake. 20 Ebe-
*yiminyaka* imashumi matatu anamibini
ubudala bake, akuba ngukumkani, wapata
ubukumkani e-Yerusaleme iminyaka yasi-
bozo : wandula wemka engenakukanukwa,
wanewatywa esixekweni sika-Davide, ko-
dwa bekungesemanewabeni abo okumkani.

22 BAZA abemi base-Yerusaleme bame-
nza u-Ahaziya, unyana wake om-
ncinane, ukumkani esikundhleni sake :
ngokuba bonke abakulu ibandhla elibe
lizile nama-Arabi emnqubeni belibabulele.
Kwa njalo wapata ubukumkani u-Ahaziya
unyana ka-Yehorame ukumkani wo-Juda.
2 Ebeyiminyaka imashumi mane anami-
bini u-Ahaziya ubudala bake, akuba ngu-
kumkani, wapata ubukumkani e-Yerusa-
leme umnyaka wamnye. Igama lonina
lalingu-Hataliya, intombi ka-Omri. 3 Wa-
hamba naye ezindhleleni zendhlu ka-
Ahabi : ngokuba unina ebengumcebisi
wake ukwenza ngobunewangu. 4 Waye-
senza okukohlakeleyo emehlweni KAYEHO-
VA, njengendhlu ka-Ahabi : ngokuba bebe-
ugabacebisi bako bona, emveni kwokufa
kwoyise, kube kukubujiswa kwake. 5 Ka-
njako wahamba ngecebo labo, waya no-
Yehorame unyana ka-Ahabi ukumkani wo-
Sirayeli, ukulwa ngakuye u-Hazayeli uku-
mkani we-Siriya, e-Ramote yase-Gileyadi ;
aza ama-Siriya ambeta u-Yorame. 6 Nga-
ko wabuya ukuya kupoliswa e-Yezerele,
ngennxa yamanxeba abewenzelwe e-Rama,
ekulweni kwake no-Hazayeli ukumkani
we-Siriya.

Waza wehla u-Hazariya unyana ka-
Yehorame ukumkani wo-Juda, ukuya ku-
bona u-Yehorame unyana ka-Ahabi e-
Yezerele, ngokuba ebesifa. 7 Kwaye
kuvela KUTIXO ukutshatyalaliswa kuka-
Ahaziya ngokuza ku-Yehorame : ngokuba
emva kwokufika kwake, wapuma no-Yeho-
rame ngakuye u-Jehu unyana ka-Nimshi,
lowo UYEHOVA ubemtambisele ukunqamla
indhlu ka-Ahabi. 8 Kwaza kwati, xeshe-
kweni u-Jehu abesenza umgwebo pezu
kwendhlu ka-Ahabi, wafumana inkosi
zakwa-Juda, nonyana babakuluwe baka-
Ahaziya, ababekonza kuye u-Ahaziya, wa-
babulala. 9 Wandula wamfuna u-Ahaziya ;
bada bambamba, (ngokuba ebezimele e-
Samariya,) bamsa ku-Jehu ; baza bamfisa,
bamnewaba ; ngokuba bebesiti : Ungu-
nyana ka-Yehoshafate, owafuna UYEHOVA
ngayo yonke inkliziyo yake.

Yaye indhlu ka-Ahaziya yayingasenako
ukubamba amandhla ebukumkanini.

10 KEKALOKU u-Hataliya, unina ka-
Ahaziya, akubona ukuba unyana wake
ufile, wandula wesuka wabubisa yonke
inzalo yobukumkani yendhlu ka-Juda.
11 Kodwa u-Yehoshebate, intombi yoku-
mkani, wamtabata u-Yohashe unyana ka-
Ahaziya, wambà pakati kwonyana boku-
mkani ababebulewe, wambeka yena noma-
nyisikazi wake enkambilini yemindhlalo :
kwa njalo u-Yehoshebate, intombi yoku-
mkani u-Yehorame, umfazi ka-Yoyada
umperisite, (ngokuba yena ebengudade
ka-Ahaziya,) wamfihla ku-Hataliya, ukuba
akambulala. 12 Wayeko nabo endhlwini
KATIXO ezimele *kona* iminyaka yamita-
ndatu. Waza u-Hataliya wapata ubuku-
mkani pezu kwelizwe.

23 Kodwa ngomnyaka wesixenxe u-
Yoyada wazomeleza, watabata inkosi
zamakulu, u-Hazariya unyana ka-Yeroha-
me, no-Shimayeli unyana ka-Jehohanane,
no-Hazariya unyana ka-Obedi, no-Maha-
seya unyana ka-Hadaya, no-Elishafate
unyana ka-Zikeri, babe naye elucebanwe-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ni. 2 Basuka bajikajikela *ilizwe* lakwa-
Juda, bahlanganisa aba-Levi kuzo zonke
izixeko zakwa-Juda, nabazinkloko *zendhlu*
zoyise zo-Sirayeli, bada bafika e-Yerusa-
leme. 3 Yandula yonke inklanganiso ya-
lwenza endhlwini KATIXO ucebano noku-
mkani. Waza wati kubo: Bona ke, unyana
wokumkani wobupata ubukumkani, nje-
ngokuba etshilo UYEHOVA ngabo onyana
baka-Davide. 4 Nantsi indawo eniya ku-
yenza: esinye isiqingata sesitatu kuni eni-
ngenayo ngesabata, kubo abaperisite nakubo
aba-Levi, bona boba ngabagcini beminya-
ngo; 5 nesinye isiqingata sesitatu, boba
ngasendhlwini yokumkani; nesinye isiqi-
ngata sesitatu, boba sesangweni lesiseko:
kanjako bonke abantu boba semabaleni
ayo indhlu KAYEHOVA. 6 Kodwa maku-
ngangeni 'mntu endhlwini KAYEHOVA, ku-
pela ngabaperisite, nabo bakonzayo pakati
kwaba-Levi; aba baya kungena, ngokuba
beyingcwele bona: kodwa bonke abantu
baya kugcina isigcinelo SIKAYEHOVA. 7
Baye aba-Levi beya kujikelezela uku-
mkani ngokuti ngqonga, abanye ngabanye
benezixòbo zabo ezandhleni zabo; nalowo
ungenayo endhlwini makafiswe: nize ni-
beko nokumkani ekungeneni kwake nase-
kupumeni kwake.
8 Bati aba-Levi no-Juda bonke benza
njengako konke abeyalele ngako u-Yoyada
umperisite, batabata abanye ngabanye
amadoda abo, lawo abeya kungena ngesa-
bata, kunye nalawo abeya kupuma ngesa-
bata: ngokuba u-Yoyada umperisite ebe-
ngandululanga izahlulo. 9 Waza u-Yoyada
umperisite wanika kuzo inkosi zamakulu
izikali, nengweletshetshe, namakaka, ezo
ezibe zizezokumkani u-Davide, ezibe zi-
sendhlwini KATIXO. 10 Wayemisa bonke
abantu, abanye ngabanye benezixòbo zabo
ezandhleni zabo, kwa kulo elokunene
icala lendhlu kwada kwakulo elokohlo
icala lendhlu, ngasesibingelweni nanga-
sendhlwini, kufupi nokumkani ngokuti
ngqonga. 11 Bandula bamkupa unyana
wokumkani, bayibeka pezu kwake ikrone,
*bamnika* nesinqino, bamenza ukumkani;
kanjalo u-Yoyada nonyana bake bamta-
mbisa, bati: Makapile ukumkani!
12 Wati akuva u-Hataliya inklokoma
yabantu bebaleka bedumisa nokudumisa
ukumkani, wasuka weza ebantwini en-
dhlwini KAYEHOVA. 13 Waza wakangela,
kekaloku nankuya ukumkani emi pezu
kwendawo yake epezulu, endaweni yoku-
ngena, nenkosi nabanamaxilongo kufupi
nokumkani; bati bonke abantu belizwe
bavuya, bavutela ngamaxilongo; *babeko*
nabaculi benezinto zokuculisa, nabo aba-
fundisayo ukudumisa. Wandula u-Hata-
liya warazula izivato zake, wati: Yingce-
biswano, yingcebiswano! 14 Koko u-
Yoyada umperisite wapumisayo inkosi za-
makulu, abongama bempi, wati kuzo: Mku-
peleni pandhle kwamahlukahluka; nalowo
umlandelayo makafiswe ngerele. Ngo-
kuba ebete umperisite: Ningamfisi en-
dhlwini KAYEHOVA. 15 Baza bamkwelela
amacala omabini; waya ngasendaweni
yokungena yesango lamahashe, ngasen-
dhlwini yokumkani: bamfisa apo ke.
16 Wandula u-Yoyada walwenza uce-
bano pakati kwake nabo bonke abantu
nokumkani, ukuba babe ngabantu BAKA-
YEHOVA. 17 Baza bangena bonke abantu
endhlwini ka-Bali, bayicita; nezibingelo
zake, nemifanekiso yake, baziqekeza; no-
Matane umperisite ka-Bali bambulala
pambi kwezibingelo. 18 Wati u-Yoyada
kanjalo wamisa abalindi bendhlu KAYE-
HOVA pantsi kwesandhla sabaperisite aba-
ngaba-Levi, abo u-Davide wabahlula babe
sendhlwini KAYEHOVA, ukuba banikele
amadini okutshiswa KAYEHOVA, njengokuba
kubàliwe emtetweni ka-Mosesi, ngoku-
gcoba nangokuvuma, njengesimiselo sika-
Davide. 19 Wayemisa abalindimnyango
ngasemasangweni endhlu KAYEHOVA, kuze
kungangeni oncolileyo ngannye into. 20
Wandula watabata inkosi zamakulu, nemi-
duna, nabapati babantu, nabo bonke aba-
ntu belizwe, wehla nokumkani kuyo indhlu
KAYEHOVA; bandula beza ngesango elide
endhlwini yokumkani, bahlalisa ukumkani
pezu kweterone yobukumkani. 21 Baye
bevuya bonke abantu belizwe, sati isixeko
sanokwonwaba; no-Hataliya bebemfisile
ngerele.

24 EBEYIMINYAKA isixenxe u-Yoha-
she ubudala bake, akuba ngukumka-
ni, wapata ubukumkani iminyaka yama-
shumi mane e-Yerusaleme. Igama lonina
belingu-Tsibiya, owase-Beresheba. 2 Wa-
ye u-Yohashe esenza okufaneleyo eme-
hlweni KAYEHOVA, yonke imihla ka-Yoyada
umperisite. 3 Kanjako u-Yoyada wamta-
batela abafazi ababini; waza wazala onyana
nentombi.



University of Fort Hare

4 Kwabekute emveni kwoko, bekusen-
kliziyweni ka-Yohashe ukuhlaziya indhlu
KAYEHOVA. 5 Waza wahlanganisa abape-
risite naba-Levi, wati kubo: Pumani niye
ezixekweni zakwa-Juda, niyibute kubo
bonke o-Sirayeli imali yokulungisa indhlu
KATIXO wenu, kwiminyaka ngeminyaka;
nani ke, yinxamiseni lendawo. Kodwa
abayinxamisa aba-Levi abo. 6 Wandula
ukumkani wambiza u-Yoyada *umperisite*
omkulu, wati kuye: Yinina ukuba unga-
buzanga aba-Levi, ukuze bavelise kwa-
Juda nase-Yerusaleme isitabataba sika-
Mosesi isicaka SIKAYEHOVA, nesenklanga-
niso yo-Sirayeli, ngennxa yayo intente
yesinqino? 7 Ngokuba u-Hataliya, lon-
newangukazi, onyana bake bagqoboza in-
dhlu KATIXO, nazo zonke izinto ezingcwele
zendhlu KAYEHOVA bazinikela o-Bali.

8 Wayexela ukumkani, baza bayenza
ityeya, bayibeka esangweni lendhlu KA-
YEHOVA ngapandhle. 9 Baza banika ilizwi
kwa-Juda nase-Yerusaleme lokuba maku-
ngeniswe KUYEHOVA isitabataba sika-Mosesi
isicaka SIKATIXO, *eso sabekwayo* pezu kwo-
Sirayeli enklango. 10 Kwandula kwavuya
zonke inkosi nabo bonke abantu, bangenisa
ke, baposela etyeyeni, kude kwagqitywa.

11 Kwaye kute, ngexesha bekuziswa
ityeya leyo kubongama bokumkani ngesa-
ndhla saba-Levi, naxeshekweni babona
ukuba imali ininzi, kwandula kweza
umbàli wokumkani, negosa lomperisite
omkulu, bakupa *imali* etyeyeni, bayitabata
yona, bayibuyisela endaweni yayo. Benje
njalo ke imihla ngemihla, babuta imali
ngobuninzi. 12 Baza ukumkani no-Yoyada
bayinika kwabawenzayo umsebenzi wen-
konzo yayo indhlu KAYEHOVA, baqesha
ababazi bamatye nenncibi zemiti, ukuba
kuhlaziywe indhlu KAYEHOVA, kwa nen-
ncibi zesinceto nezexina, kuze kulungiswe
indhlu KAYEHOVA. 13 Benza ke abenzi
bomsebenzi, ukuba kwahanjiswa ukulu-
ngiswa kwomsebenzi ngesandhla sabo, ba-
yimisa indhlu KATIXO ngomlinganiswa
wayo, bayiqinisa. 14 Bati bakuba be-
gqibile, bazisa isisalela semali pambi kwo-
kumkani no-Yoyada, ekwenzelwa indhlu
KAYEHOVA impahla ngayo, impahla zoku-
konza nezokunikela, negxebeka, nempahla
zegolide nezesilivere. Baye benikela ama-
dini okutshiswa futi endhlwini KAYEHOVA
yonke imihla ka-Yoyada.

15 Wada waba 'mdala u-Yoyada, wako-
liswa yimihla, wafa ke; ebelikulu linama-
shumi matatu leminyaka ubudala bake,
ekufeni kwake. 16 Baza bamncwaba esi-
xekweni sika-Davide ndawonye nabo oku-
mkani, ngokuba ebekwenzile okulungi-
leyo kwa-Sirayeli, nangakuye UTIXO, na-
ngakuyo indhlu yake.

17 Kekaloku emveni kwokufa kuka-
Yoyada kweza inkosi zakwa-Juda, zazitoba
kukumkani: wandula ukumkani wapula-
pula kuzo. 18 Basuka bashiya indhlu KA-
YEHOVA, UTIXO woyise babo, bakonza o-
Ashera namadalo: kwaza kwabako umsi-
ndo pezu kwo-Juda ne-Yerusaleme, ngen-
nxa yelityala labo. 19 Wayetuma noko
abaprofite pakati kwabo, ukuya kubabu-
yisela KUYEHOVA: banqina ke ngakubo,
kodwa abanikela indhlebe.

20 Waza umoya KATIXO wangena ku-
Zekariya unyana ka-Yoyada umperisite,
owemayo pezulu ebantwini, wati kubo:
Utsho UTIXO ukuti: Kunganina ukuba
niyagqita imiyalelo KAYEHOVA, nize ninga-
tamsanqeleki? ngokokuba nimshiyile UYE-
HOVA, kukona aya kushiya nina. 21 Baza
baceba ngakuye, bamgibisela ngamatye
ngomyalelo wokumkani, ebaleni lendhlu
KAYEHOVA. 22 Kwa njalo u-Yohashe uku-
mkani wayengakumbuli ububele abenze-
lwe bona ngu-Yoyada uyise, kodwa wam-
bulala unyana wake; owati, ekufeni kwa-
ke: Makabone UYEHOVA, abuze ke!

23 Kwaye kute ekupeleni kwomnyaka,
kwenyuka ngakuye impi yama-Siriya;
aye esiza kwa-Juda nase-Yerusaleme, abu-
bisa zonke inkosi zabantu ebantwini;
nawo onke amaxoba azo awatuma kuye
ukumkani we-Damakusi. 24 Nakuba impi
yama-Siriya ibizile neqelana lamadoda,
UYEHOVA wanikela ezandhleni zawo impi
enkulu kunene noko, ngokuba bebemshi-
yile UYEHOVA, UTIXO woyise babo. Kwa
njalo amenzela u-Yohashe imigwebo.

25 Naxeshekweni emkile kuye, (ngokuba
ebemshiyile enezifo ezininzi,) izicaka zako
zenza ingcebiswano ngakuye, ngennxa
yegazi lonyana baka-Yoyada umperisite,
zambulala pezu kwomandhlalo wake, wada
wafa; baza bamncwaba esixekweni sika-
Davide, kodwa abamncwaba emancwabeni
abo okumkani. 26 Ngabo aba abayenzayo
ingcebiswano ngakuye: u-Zabadi, unyana
ka-Shimehate um-Hamonikazi, no-Yehoza-
badi, unyana ka-Shimerite um-Mowabi-
kazi.



University of Fort Hare
Together in Excellence

27 Kekaloku okwonyana bake, nokwo-
buninzi bemitwalo ebipezu kwake, nokwo-
kusekwa kwendhlu KATIXO, bona ke, kubà-
liwe embalisweni yennewadi yabo oku-
mkani. Waza u-Amatsiya unyana wake
waba ngukumkani esikundhleni sake.

25 WABA ngukumkani u-Amatsiya,
eyiminyaka imashumi mabini anami-
hlanu ubudala bake, wapata ubukumkani
iminyaka yamashumi mabini anesitoba e-
Yerusaleme. Igama lonina belingu-Yeho-
hadane, owase-Yerusaleme. 2 Wayesenza
okufaneleyo emehlweni KAYEHOVA, kodwa
bekungengayo inkliziyo ekolisekileyo. 3
Kwaza kwati, okuya ubukumkani bebuqi-
nile kuye, wabulala izicaka zake ezibe
zimbulele ukumkani uyise. 4 Kanti aba-
ntwana bazo akabafisa, koko *wenzayo* nje-
ngokubàliweyo emtetweni, ennewadini ka-
Mosesi, apo ayaleleyo UYEHOVA ngokuti:
Oyise abayi kufela abantwana, nabantwana
abayi kufela oyise, koko bonke ngabanye
baya kufela esabo isono.
5 Kanjako u-Amatsiya wahlanganisa o-
Juda, wabamisa ngendhlu zoyise, ngenkosi
zamawaka nangenkosi zamakulu, kwa bo-
nke o-Juda no-Benjamine; waza wababala
abaminyaka imashumi mabini nabapezulu
ubudala babo, wabafumana bengamawaka
angamakulu matatu *amadoda* anyuliweyo,
apuma nomkosi, apete umkonto nekaka.
6 Wayeqesha nakwa-Sirayeli ikulu lama-
waka amagora aburoti, ngekulu letalente
zesilivere.
7 Kuloko bekusiza kuye indoda KATIXO,
isiti: Kumkani! makungayi nawe umkosi
wo-Sirayeli; ngokuba UYEHOVA engenabo
o-Sirayeli, *kwa nabo* bonke abalusapo luka-
Frayime. 8 Kodwa ukuba uya kuya
wena, yenje *njalo*, yomelelela ukulwa;
UTIXO wokuwisa pambi kwotshaba: ngo-
kuba kuko amandhla KUTIXO ukunceda no-
kuwisa. 9 Waza wati u-Amatsiya kwin-
doda KATIXO: Kuya kwenziwa 'nto nina
pofu ngekulu letalente endizinikileyo
emabandhleni o-Sirayeli? Yayisiti indoda
KATIXO: UYEHOVA angakunika okuninzi
pezu kwoku.
10 Wandula u-Amatsiya wawahlula,
kwa amabandhla abezile kuye evela kwa-
Frayime, ukuba aye endaweni yawo: nga-
ko yavuta ingqumbo yawo kakulu nga-
kubo o-Juda, abuyela endaweni yawo
ngobushushu bengqumbo.

11 Waza u-Amatsiya wazomeleza, wa-
puma nabantu bake, waya emhlanjeni we-
Tyuwa, wabulala usapo luka-Sehire, ishu-
mi lamawaka. 12 Neshumi lamawaka
oluhleliyo lwalutimba usapo luka-Juda,
lwaluzisa engcotsheni yeliwa, lwaluwisa
pantsi kuyo ingcopo yeliwa, ukuba lwaca-
ndeka lwonke.
13 Kodwa amadoda amabandhla abewa-
buyisile u-Amatsiya, ukuze angayi naye
ekulweni, agaleleka ezixekweni zakwa-
Juda, kwa se-Samariya kwada kwase-Bete-
horone, abulala kubo *abantu* amawaka ma-
tatu, apanga impango enkulu.
14 Kwaya kute, emvenikweni u-Ama-
tsiya ebebuyile ekubulaweni kwama-Edo-
me, wandula wabazisa otixo bosapo luka-
Sehire, wabamisa babe ngotixo bake, wa-
toba pambi kwabo, wabaqumisela. 15 Nga-
ko yavuta ingqumbo KAYEHOVA ngakuye
u-Amatsiya; waza watuma kuye umpro-
fite, owati kuye: Yinina ukuba ufunile
otixo babantu abangahlangulanga ababo
abantu esandhleni sako? 16 Kwabekute,
uxa abeteta naye, wati kuye: Sikwenzile
umcebisi kukumkani na? yeka; yinina
ukuba ubetwe? Wandul' ukuyeka umpro-
fite lowo, wati: Ndiyazi ukuba UTIXO
ucebile ukububisa wena, ngenxa yokuba
wenzile oku, nokuba ungapulapulanga
icebo lami.
17 Waza u-Amatsiya ukumkani wo-
Juda wafuna icebo, watumela ku-Yohashe,
unyana ka-Yehowahazi unyana ka-Jehu,
ukumkani wo-Sirayeli, ukuti: Yiza, sibo-
nane ngobuso. 18 Koko u-Yohashe uku-
mkani wo-Sirayeli watumela ku-Amatsiya
ukumkani wo-Juda ukuti: Umtolo obuse-
Lebanone watuma kuyo isedare ebise-
Lebanone, usiti: Nika intombi yako ku-
nyana wami ibe ngumfazi; saza sadhlula
isilo sasendhle esibe sise-Lebanone, sawu-
nyatela umtolo lowo. 19 Uti: bona ke,
uwabetile ama-Edome; ngako inkliziyo
yako ikupakamisile ukuba uqayise: hlala
kaloku ekaya; kunganina ukuba uya ku-
lwa nelishwa, ukuze uwe, kwa wena no-
Juda kunye nawe? 20 Kodwa u-Amatsiya
ebengapulapuli; ngokuba bekuvela KU-
TIXO, ukuze abanikele esandhleni *sabo*,
ngenxa yokuba bafuna otixo base-Edome.
21 Ngako wenyuka u-Yohashe ukumkani
wo-Sirayeli; baza babonana ngobuso, yena
no-Amatsiya ukumkani wo-Juda, e-Bete-
shemeshe ekwa-Juda. 22 Bati o-Juda



University of Fort Hare
Together in Excellence

boyiswa pambi kwo-Sirayeli; basuka be-
saba baya abanye ngabanye ezintenteni
zabo. 23 No-Amatsiya ukumkani wo-
Juda, unyana ka-Yohashe, unyana ka-
Yehowahazi, u-Yohashe ukumkani wo-
Sirayeli wambamba e-Bete-shemeshe,
wamzisa e-Yerusaleme, walucita udonga
lwe-Yerusaleme, kwa kulo isango lika-
Frayime kwada kwakulo isango legumbi,
ikubite zingamakulu mane. 24 Kanjalo
*watabata* yonke igolide nesilivere, nazo
zonke impahla ezazifunyanwa endhlwini
KATIXO kunye no-Obedi-edome, nendyebo
zendhlu yokumkani, nababambiseli, wabu-
yela e-Samariya.

25 Wati u-Amatsiya unyana ka-Yohashe,
ukumkani wo-Juda, wahlala emveni kwo-
kufa kuka-Yohashe unyana ka-Yehowahazi,
ukumkani wo-Sirayeli, iminyaka yalishumi
elinamihlanu. 26 Nesisalela semicimbi
ka-Amatsiya, eyokuqala neyokupela, bona
ke, ayibàlwanga na yona encwadini yabo
okumkani bo-Juda no-Sirayeli? 27 Keka-
loku emveni kweloxesha wapambuka ngalo
u-Amatsiya ekumlandeleni UYEHOVA, baye-
nza ingcebiswano ngakuye e-Yerusaleme;
wesaba waya e-Lakishe: kodwa batumela
emva kwake e-Lakishe, bambulala kona.
28 Baza bamsa pezu kwamahashe, bam-
ncwaba ndawonye noyise bake esixekweni
so-Juda.

26 BANDULA bonke abantu bakwa-
Juda batabata u-Huziya, obeyiminya-
ka yalishumi elinesitandatu ubudala bake,
bamenza ukumkani esikundhleni soyise
u-Amatsiya. 2 Yena wayaka i-Elote, wa-
yibuyisela ko-Juda, emveni kwokuba uku-
mkani ebelele noyise bake.

3 Ebeyiminyaka ilishumi linesitandatu
u-Huziya ubudala bake, akuba ngukumkani,
wapata ubukumkani e-Yerusaleme iminya-
ka yamashumi mahlanu anamibini. Igama
lonina belingu-Yekoliya, owase-Yerusa-
leme. 4 Wayesenza okufaneleyo eme-
hlweni KAYEHOVA, njengako konke abe-
kwenzile u-Amatsiya uyise. 5 Wazibekela
ukufuna UTIXO emihleni ka-Zekariya, obe-
nokuqonda emibonisweni KATIXO: kanjalo
emihleni wokumfuna kwake UYEHOVA,
UTIXO wamtamsanqelekisa.

6 Wandula wapuma walwa nama-Fili-
stiya, wacita udonga lwe-Gate, nodonga
lwe-Yabene, nodonga lwe-Ashedode; waza
waka izixeko *elizweni* lase-Ashedode, na-
pakati kwama-Filistiya. 7 Waye UTIXO
emnceda ngakuwo ama-Filistiya, nanga-
kuwo ama-Arabi abehleli e-Gure-bali, na-
*ngakuwo* ama-Mahone. 8 Bati aba-Hamoni
banika iminikelo ku-Huziya: lwada udumo
lwake lwaya kwada kwasekungenweni
kwe-Jipete; ngokuba womelelayo ngento
egqitiseleyo.

9 Waye u-Huziya kanjalo wazaka
innqaba e-Yerusaleme, ngasesangweni
legumbi, nangasesangweni lesihlambo, na-
ngasekujikeni *kwodonga*, wazinqabisa. 10
Wazaka nennqaba enklango, wemba ama-
cibi amaninzi; ngokuba ebenento enninzi
yenkomo, nasezihlanjeni nasematafeni:
*kwa na*balimi bomhlaba nabalimi bemiti
yeveyine ezintabeni nasezindaweni ezi-
cumileyo: ngokuba ebetanda *ukulinywa*
kwomhlaba.

11 Kanjako u-Huziya ebenempi yabaqe-
lene nokulwa, abapuma nomkosi ngama-
bandhla, njengenani lokubalwa kwabo
ngesandhla sika-Yehili umbàli no-Mahaseya
igosa, ngapantsi kwesandhla sika-Hana-
niya, owenkosi zokumkani. 12 Inani lonke
labazinkloko *zendhlu* zoyise, lamagora obu-
roti, lalingamawaka mabini anamakulu
matandatu. 13 Napantsi kwesandhla sabo
*bekuko* impi yokulwa, *amadoda* angamawaka
angamakulu matatu anamawaka asixenxe
anamakulu mahlanu, abesenza imfazwe
ngamandhla akalipileyo, kuze kuncedwe
ukumkani ngakulo utshaba. 14 Waza u-
Huziya wawalungisela, kwa umkosi wonke,
amakaka, nezikali, neminqwazi, nehempe
zentsimbi, nezipeta, namatye okusaula.
15 Wayesenza e-Yerusaleme iziqingelwa
zokulwa, isetyenzwa lenncibi ezilumkileyo,
ukuba zibe pezu kwennqaba napezu kwa-
magumbi *odonga*, kuze kutolwe ngentolo
nangamatye amakulu. Kwaza kwapumela
kude udumo lwake; ngokuba ebencedwa
ngento engummangaliso, wada womelela.

16 Kodwa nxa omeleleyo, yabiratsha
inkliziyo yake kude kwakukubujiswa
*kwake;* ngokuba ebegqita ngakuye UYE-
HOVA, UTIXO wake, wangena etempileni
KAYEHOVA ukuba aqumise pezu kwesibi-
ngelo sesiqumiso. 17 Waza wangena
emva kwake u-Hazariya umperisite, naku-
nye naye abaperisite BAKAYEHOVA, ama-
shumi asibozo amadoda akalipileyo. 18
Basuka bammela u-Huziya ukumkani, bati
kuye: Asi kokwako, Huziya! ukuqumisela
UYEHOVA, koko kukokwabo abaperisite,



University of Fort Hare
Together in Excellence

onyana baka-Arone, abangewaliselweyo
ukuqumisa: puma endaweni eyingcwele,
ngokuba ugqitile; kanjalo *lento* ayiyi kuba
yeyokubekwa kwako pambi KWOYEHOVA
ONGUTIXO.

19 Wandula waqumba u-Huziya, enesi-
qumelo esandhleni sake ukuba aqumise:
kwati nxa abequmba ngakubo abaperisite,
kwapuma isilepero ebunzini lake nga-
pambi kwabaperisite, endhlwini KAYEHOVA,
ngecala lesibingelo sesiqumiso. 20 Waza
u-Hazariya umperisite omkulu wakangela
ngakuye, kwa nabo bonke abaperisite;
kekaloku bona ke, ebenesilepero ebu-
nzini lake; baza bamgxota kona ngobu-
nxamo; ewe naye wanxamela ukupuma
ngokwake, ngennxa yokuba UYEHOVA ebem-
betile. 21 Wayelileperi u-Huziya uku-
mkani kwada kwayimmini yokufa kwake;
wati, elileperi nje, wahlala endhlwini eya-
hlukileyo, ngokuba ebenqanyulwa endhlwi-
ni KAYEHOVA: waye u-Yotame unyana wake
ebepezu kwendhlu yokumkani, egweba
abantu belizwe.

22 Nesisalela semicimbi ka-Huziya,
eyokuqala neyokupela, uyibàlile yona u-
Yisaya unyana ka-Amotse, umprofite. 23
Wada u-Huziya walala noyise bake; baza
bamncwaba ndawonye noyise bake, entsi-
mini yokuncwaba ebiyeyabo okumkani;
ngokuba bebesiti: Ulileperi yena. Wa-
ndula u-Yotame unyana wake waba ngu-
kumkani esikundhleni sake.

27 EBEYIMINYAKA imashumi mabini
anamihlanu u-Yotame ubudala bake,
akuba ngukumkani, wapata ubukumkani
iminyaka yalishumi elinesitandatu e-Yeru-
saleme. Igama lonina belingu-Yerusha,
intombi ka-Tsadoki. 2 Wayesenza okufa-
neleyo emehlweni KAYEHOVA, njengako
konke abekwenzile u-Huziya uyise; kodwa
akangena etempileni KAYEHOVA. Bati
abantu basakwonakalisa ukwenza kwabo.
3 Yena walaka isango lasenkla lendhlu
KAYEHOVA; napezu kwodonga lwe-Hofeli
waka ngobuninzi. 4 Waka nezixeko ezin-
tabeni zakwa-Juda; nasemahlatini waka
ingxande ezinqatyisiweyo nennqaba.

5 Kanjako walwa nokumkani wosapo
luka-Hamoni, walweyisa: lwaza usapo
luka-Hamoni lwanika kuye ngalomnyaka
ikulu letalente zesilivere, neshumi lama-
waka ekore zennqolowa, neshumi lamawa-
ka ezeralasi: lwabuya lwamnika okunjalo
usapo luka-Hamoni nangowesibini umnya-
ka, nangowesitatu. 6 Kwa njalo u-Yotame
wazomeleza; ngokuba ebelungisa indhlela
zake pambi KWOYEHOVA, UTIXO wake.

7 Nesisalela semicimbi ka-Yotame, nazo
zonke imfazwe zake, nendhlela zake, bona
ke, ibàliwe yona encwadini yabo okumkani
bo-Sirayeli no-Juda. 8 Ebeyiminyaka
imashumi mabini anamihlanu ubudala
bake, akuba ngukumkani, wapata ubuku-
mkani iminyaka yalishumi elinesitandatu
e-Yerusaleme. 9 Wada u-Yotame walala
noyise bake, wancwatywa esixekweni
sika-Davide; waza u-Ahazi unyana wake
waba ngukumkani esikundhleni sake.

28 EBEYIMINYAKA imashumi mabini
u-Ahazi ubudala bake, akuba nguku-
mkani, wapata ubukumkani iminyaka yali-
shumi elinesitandatu e-Yerusaleme; waye
engenzi okufaneleyo emehlweni KAYEHOVA,
njengaye u-Davide uyise. 2 Ngokuba
ebehamba ezindhleleni zokumkani bo-
Sirayeli; nakanjako wenzela o-Bali imifa-
nekiso etyityishiweyo. 3 Ewe, waqumisa
esihlanjeni sonyana ka-Hinome, watshisa
onyana bake emlilweni, njengento ezibu-
ntshontsho zabaheyideni, abo wabagqogqa-
yo UYEHOVA pambi kwosapo luka-Sirayeli.
4 Wabinga waqumisa ezindaweni ezipaka-
mileyo, napezu kwenduli, nangapantsi
kwayo yonke imiti eluhlaza.

5 Ngako UYEHOVA, UTIXO wake, wamni-
kela esandhleni sokumkani we-Siriya; baza
babeta abake, batimba kuye into enkulu
yamatinjwa, bawazisa e-Damakusi. Ka-
njako wanikelwa nasesandhleni sokumkani
wo-Sirayeli, owambeta ngesibulalo esikulu.
6 Ngokuba u-Pekahi, unyana ka-Remaliya,
wabulala kwa-Juda amawaka alikulu
linamashumi mabini emmini 'nnye, onke
engamadoda akalipileyo; ngennxa yokuba
ebemshiyile UYEHOVA, UTIXO woyise bawo.
7 Kanjalo u-Zikeri, igora lakwa-Frayime,
wambulala u-Mahaseya unyana wokumkani,
no-Zarikame umpati wendhlu, no-Lekana
owasemva kwokumkani. 8 Lwaza usapo
luka-Sirayeli lwatimba kubazalwana balo
amawaka angamakulu mabini, abafazi,
onyana, nentombi, lwapanga kubo nento
enninzi yamaxoba, lwawazisa amaxoba
lawo e-Samariya.

9 Kwayo kuko kona umprofite KAYE-
HOVA, ogama lingu-Hodedi, owapuma ukuya
kuhlangabeza umkosi obusiza e-Samariya,



University of Fort Hare

wati kubo: Bona ke, ngomsindo KAYEHOVA,
UTIXO woyihlo benu, ngakubo o-Juda, uba-
nikele esandhleni senu, nanibulele bona
ngoburalarume obufikelela kwa sezulwini.
10 Nakaloku niyacinga ukululamisa usapo
luka-Juda ne-Yerusaleme lube ngamakoboka
namakobokakazi kuni: kodwa nina, akuko na
kwa nani izilandu ngakuye UYEHOVA, UTIXO
wenu? 11 Ndipulapuleni ngoko, nibuyise
amatinjwa, lawo niwatimbileyo kubazalwa-
na benu; ngokuba ubushushu bengqumbo
KAYEHOVA bupezu kwenu. 12 Baza abatile
kwabazinkloko zosapo luka-Frayime, u-
Hazariya unyana ka-Johanane, u-Berekiya
unyana ka-Meshilemote, no-Yehizekiya
unyana ka-Shalume, no-Hamasa unyana
ka-Hadelai, besuka ngakubo abebevele
emfazweni, 13 bati kubo: Aniyi kungenisa
lamatinjwa apa; ngokuba, ukuze ityala
ngakuye UYEHOVA libe pezu kwetu, nicinga
nina ukwongeza ezonweni zetu nasetyaleni
letu: ngokuba likulu ityala esinalo; ka-
njako ubushushu bengqumbo bupezu kwo-
Sirayeli. 14 Aza amadoda axòbileyo
ashiya amatinjwa namaxoba pambi kwen-
kosi nayo yonke inklanganiso. 15 Andula
esuka lomadoda abalulweyo ngamagama,
abamba amatinjwa, nabo bonke abebezé
pakati kwawo abavatisa emaxobeni lawo;
ewe abavatisa, abafaka izihlangu, abanika
ukutya, abaseza, abatambisa, abakapa pezu
kwamaqwarashe bonke ababutataka, aba-
zisa e-Jeriko, esixekweni semiti yepalime,
kufupi nabazalwana babo: aza abuya wona
ukuya e-Samariya.
16 Ngexesha elo watuma ukumkani u-
Ahazi kubo okumkani be-Asiriya, ukuze
bamncede. 17 Ngokuba ebezile kanjako
ama-Edome, abeta kwa-Juda, atimba nama-
tinjwa. 18 Nama-Filistiya wona ebegale-
lekile ezixekweni zasezihlanjeni, nasesu-
yide yakwa-Juda, atimba i-Bete-shemeshe,
ne-Ajalone, ne-Gederote, ne-Soko namagxa-
mesi ayo, ne-Timna namagxamesi ayo, ne-
Gimzo namagxamesi ayo: aza ahlala kona.
19 Ngokuba UYEHOVA ebetobisile o-Juda,
ngenxa yake u-Ahazi ukumkani wo-Sirayе-
li; ngokuba ebebenzile o-Juda abangevayo,
wenza ngobunenemene kakulu ngakuye
UYEHOVA. 20 Wati u-Tiligate-pinesere
ukumkani we-Asiriya weza kuye; kodwa
wamxinezela, akamomeleza. 21 Ngokuba
u-Ahazi wapanga indhlu KAYEHOVA, nen-
dhlu yokumkani nenkosi, wanika kuku-
mkani we-Asiriya: akamnceda noko.

22 Kanjalo ngexesha lokuxinezelwa
kwake, wandisa ukwenza ngobunenemene
ngakuye UYEHOVA: nguye lo ukumkani u-
Ahazi. 23 Wasuka wabingela otixo base-
Damakusi, ababembetile, wati: Ngokuba
otixo bokumkani be-Siriya bénceda bona,
ndiya kubabingela, ukuze bancede mina.
Kodwa baba sisiwiso kuye, nako-Sirayeli
bonke. 24 Waza u-Ahazi wabuta impahla
zendhlu KATIXO, wazihlahla impahla zen-
dhlu KATIXO, wazitshixa ingcango zendhlu
KAYEHOVA, wazenzela izibingelo kuwo onke
amagumbi e-Yerusaleme. 25 Nakuzo
zonke izixeko zakwa-Juda ngazinye, waze-
nza indawo ezipakamileyo zokuqumisela
otixo bambi, wamqumbisa UYEHOVA, UTIXO
woyise bake.
26 Kekaloku isisalela semicimbi yake,
nazo zonke indhlela zake, ezokuqala nezo-
kupela, bona ke, zibàliwe encwadini yo-
kumkani bo-Juda no-Sirayeli. 27 Wada u-
Ahazi walala noyise bake; baza bamncwaba
esixekweni, e-Yerusaleme: kodwa abam-
zisa emancwabeni okumkani bo-Sirayeli.
Wandula u-Hezekiya unyana wake waba
ngukumkani esikundhleni sake.

29 WABA ngukumkani u-Hezekiya, eyi-
minyaka imashumi mabini anamihlanu
ubudala bake, wapata ubukumkani imi-
nyaka yamashumi mabini anesitoba e-
Yerusaleme. Igama lonina belingu-Abiya,
intombi ka-Zekariya. 2 Wayesenza oku-
faneleyo emehlweni KAYEHOVA, njengako
konke abekwenzile u-Davide uyise.
3 Wati yena, ngowokuqala umnyaka
wokupata kwake ubukumkani, ngennya-
nga yokuqala, wavula ingcango zendhlu
KAYEHOVA, wazilungisa. 4 Waza wange-
nisa abaperisite naba-Levi, wabahlangani-
sela enkundhleni engasempumalanga, 5
wati kubo: Ndipulapuleni, nina 'ba-Levi!
zingcwaliseni kaloku, yingcwaliseni nen-
dhlu KAYEHOVA, UTIXO woyihlo benu,
nipumise into encolileyo kweyingcwele
*indawo.* 6 Ngokuba obawo betu begqitile,
benze okukohlakeleyo emehlweni KAYE-
HOVA, UTIXO wetu, bamshiyile, basongile
ubuso babo enklalweni KAYEHOVA, banikele
umhlana. 7 Kanjako batshixile ingcango
zentendelezo, nezibane bazicimile, nesiqu-
miso abasiqumisanga, namadini okutshiswa
abawenzanga *endaweni* eyingcwele kuyo
UTIXO wo-Sirayeli. 8 Kwaza kwabako
umsindo KAYEHOVA pezu kwo-Juda ne-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Yerusalemo, wabanikela babo yinto yoku-
zanyazanyiswa, neyokutelwa nqa, neyo-
kwenzelwa amakwelo, njengokuba nibona
ngamehlo enu. 9 Ngokuba, bona ke, oba-
wo betu bewile ngesirele; nonyana betu,
nentombi zetu, nabafazi betu, basekuti-
njweni ngennxa yoku. 10 Kaloku ku-
senkliziyweni yami ukwenza ucebano no-
YEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuze bubuye
kuti ubushushu bengqumbo yake. 11 Bo-
nyana bami! kaloku zeninganqeneki;
ngokuba UYEHOVA eninyulile ukuba nime
ebusweni bake ukumkonza, nokuba nibe
ngabakonzi nabaqumisi kuye.

12 Bandula besuka aba-Levi, u-Mahate
unyana ka-Hamasai, no-Joweli unyana ka-
Hazariya, kubo onyana bama-Kohati;
nakubo onyana baka-Merari, u-Kishi unya-
na ka-Habedi, no-Hazariya unyana ka-
Yehaleleli; nakuwo ama-Gereshone, u-
Jowahi unyana ka-Zima, no-Hedeni unyana
ka-Jowahi; 13 nakubo onyana baka-Eli-
tsafane, u-Shimri, no-Yeyeli; nakubo
onyana baka-Safa, u-Zekariya, no-Mata-
niya; 14 nakubo onyana baka-Hemani,
u-Yehili, no-Shimehi; nakubo onyana
baka-Jedutune, u-Shemaya, no-Huziyeli.
15 Baye behlanganisa abazalwana babo,
bazingcwalisa, beza ngomyalelo woku-
mkani, ngamazwi KAYEHOVA, ukucokisa
indhlu KAYEHOVA. 16 Baza abaperisite
bangena pakati endhlwini KAYEHOVA, ukuza
kucokisa, bakupela ebaleni lendhlu KAYE-
HOVA konke okuncolileyo ababekufumana
etempileni KAYEHOVA; bati aba-Levi baku-
tabata, kuze kukutshelwe endhle nga-
semlanjaneni we-Kidrone. 17 Baqala ngo-
wokuqala *umhla* wennyanga yokuqala
ukungcwalisa, nangowesibozo umhla wen-
nyanga bafika entendelezweni KAYEHOVA;
kwa njalo bayingcwalisa indhlu KAYEHOVA
ngemihla esibozo; nangoweshumi linesita-
ndatu umhla wennyanga yokuqala bagqiba
ke.

18 Bandula bangena pakati ku-Hezekiya
ukumkani, bati: Sesicokisile yonke indhlu
KAYEHOVA, nesibingelo samadini okutshi-
swa, nazo zonke impahla zaso, netafile
*yezonka* zokurozwa, nazo zonke impahla
zayo. 19 Kanjalo zonke impahla ezibe
zilahliwe ngukumkani u-Ahazi, ekupateni
kwake ubukumkani, ngobumenemene bake,
zona sizilungisile, sazingcwalisa; kekaloku
nanziya pambi kwesibingelo SIKAYEHOVA.
20 Waza u-Hezekiya ukumkani wavuka
kusasa, wahlanganisa inkosi zesixeko, we-
nyuka waya endhlwini KAYEHOVA. 21
Baye bezisa inkunzana zenkomo ezisixenxe,
nenkunzi zegusha ezisixenxe, nemvana ezi-
sixenxe, nenkunzi zebokwe ezisixenxe,
zibe lidini lesono ngennxa yobukumkani,
nangennxa yendawo eyingcwele, nangen-
nxa yo-Juda. Waza wabaxelela onyana
baka-Arone, abaperisite, ukuba banikele
*ngazo* pezu kwesibingelo SIKAYEHOVA. 22
Basuka bazixèla inkunzana zenkomo, bati
abaperisite balamkela igazi, balisasaza pezu
kwesibingelo; bazixèla nenkunzi zegusha,
basasaza igazi pezu kwesibingelo; bazixèla
nemvana, basasaza igazi pezu kwesibingelo.
23 Bandula basondeza inkunzi zebokwe,
ezedini lesono, pambi kwokumkani nenkla-
nganiso; balalisa izandhla zabo pezu
kwazo. 24 Baza abaperisite bazixèla, ba-
sihlambulula ngegazi lazo isibingelo, kuze
kwenzelwe o-Sirayeli bonke uxoliso: ngo-
kuba ebexele ukumkani *ukuba makwenzelwe*
o-Sirayeli bonke elodini lokutshiswa nelo-
dini lesono. 25 Wandula wabamisa aba-
Levi endhlwini KAYEHOVA, benesimbali,
nenebele, nehadi, njengawo umyalelo ka-
Davide, noka-Gadi umboni wokumkani,
noka-Natane umprofite: ngokuba ubuNGO-
YEHOVA lomyalelo, ngabaprofite bake. 26
Baza aba-Levi bema benezicuIiso zika-
Davide, nabaperisite benamaxilongo. 27
Wandula waxela u-Hezekiya ukuba kuni-
kelwe ngedini lokutshiswa pezu kwesibi-
ngelo. Kwati ngexesha lokuqalwa kwedini
lokutshiswa, kwandul' ukuqalwa amaculo
KAYEHOVA, namaxilongo, kwa kunye nezi-
culiso zika-Davide ukumkani wo-Sirayeli.
28 Yaza yonke inklanganiso yaziqubuda,
bati abaculi bacula, nabanamaxilongo ba-
hlokomisa: *kwenziwa* oku konke kwada
kwagqitywa idini lokutshiswa. 29 Keka-
loku kwakugqitywa ukunikela, waguqa
ukumkani, nabo bonke abebeko naye, bazi-
qubuda. 30 Wandula waxela u-Hezekiya
ukumkani, nenkosi, kubo aba-Levi, ukuba
mabadumise UYEHOVA ngamazwi ka-Davide,
nangaka-Safa umboni: baza badumisa ngo-
vuyo, batoba ngapantsi, baziqubuda.

31 Walekela wateta u-Hezekiya wati:
Kaloku nizizalisile nje izandhla zenu ku-
YEHOVA, sondelani, nizise imibingo nemi-
nikelo yokubulela endhlwini KAYEHOVA.
Yaza inklanganiso yazisa imibingo nemini-
kelo yokubulela; nabo bonke abanenklizi-
yo evumayo *bazisa* amadini okutshiswa.



University of Fort Hare

32 Inani lamadini okutshiswa, lawo abezi-
swa yinklanganiso, lalingamashumi asixe-
nxe enkabi, *n*ekulu lenkunzi zegusha,
*n*amakulu mabini emvana : zonke ezi zibe
zizezedini lokutshiswa KUYEHOVA. 33 Ne-
zinto ezingcwele, inkabi zazingamakulu
matandatu, negusha zazingamawaka ma-
tatu. 34 Kodwa abaperisite bebelula,
bada bakohlwa kukuhlinza onke amadini
okutshiswa; ngako babencedwa ngabaza-
lwana babo aba-Levi, kude kwagqitywa
lomsebenzi, nakude kwazingcwalisa *abanye*
abaperisite ; ngokuba aba-Levi bebelungile
ngenkliziyo, ukuba bazingcwalise, ngapezu
kwabaperisite. 35 Kanjako amadini oku-
tshiswa ebemaninzi, kwa namanqata emi-
nikelo yoxolo, neminikelo yokusela yama-
dini okutshiswa. Kwa njalo kwalungiswa
inkonzo yayo indhlu KAYEHOVA. 36 Waza
wavuya u-Hezekiya, nabo bonke abantu,
ngokokuba UTIXO ebelungisile abantu ;
ngokuba ibisenzeka lento ngokuqupa.

30 WANDULA watuma u-Hezekiya
kubo bonke o-Sirayeli no-Juda, wabàla
innewadi ko-Frayime no-Manase kanjalo,
ukuba beze endhlwini KAYEHOVA e-Yerusa-
leme, ukubamba ipasika KUYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli. 2 Ngokuba ukumkani ebe-
cebisene nenkosi zake nayo yonke inkla-
nganiso e-Yerusaleme, ukuba kubanjwe
ipasika ngennyanga yesibini. 3 Ngokuba
bebekohlwa kuyibamba ngexesha elo,
ngennxa yokuba abaperisite bebengazi-
ngcwalisanga ngenani elaneleyo, nokuba
abantu bebengazihlanganiselanga e-Yeru-
saleme. 4 Yabifanelekile lendawo eme-
hlweni okumkani, nasemehlweni ayo yonke
inklanganiso. 5 Baza bamisa umteto
wokuba kudhluliswe ilizwi kuyo yonke
i-Sirayeli, kwa se-Beresheba kwada kwase-
Dane, lokokuba makuziwe ukubamba ipa-
sika KUYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, e-Yeru-
saleme : ngokuba bekukade bebengawu-
bambanga njengokubàliweyo.
6 Zaza izigidimi zemka nennewadi
zivela kukumkani nenkosi zake, ukuya
kuyo yonke i-Sirayeli ne-Juda, nokuti,
ngomyalelo wokumkani : Lusapo luka-
Sirayeli ! buyelani KUYEHOVA, UTIXO ka-
Abrahame, ka-Yisake, noka-Sirayeli, waeya
kubuyela kwabasindileyo esandhleni soku-
mkani be-Asiriya, abaseleyo pakati kwenu.
7 Nize ningabi njengoyihlo benu, nanje-
ngabo abazalwana benu, abenza ngobume-
nemene ngakuye UYEHOVA, UTIXO woyise
babo ; owabanikela ekucitakaleni, njengo-
kuba nibona nina. 8 Kaloku ningenzi
lukuni intamo zenu, njengoyihlo benu ;
nikani isandhla KUYEHOVA, ningene kwe-
yingcwele indawo yake, leyo uyingcwa-
lisile kude kube ngunapakade, nimkonze
UYEHOVA, UTIXO wenu, buze bubuye kuni
ubushushu bengqumbo yake. 9 Ngokuba,
xeshekweni nibuyela KUYEHOVA, abazalwa-
na benu nabantwana benu baya kufumana
ububele ebusweni babo babatimbileyo,
bade babuye beze kwelilizwe : ngokuba
UYEHOVA, UTIXO wenu, enofefe, enobubele,
ongayi kunqanda ubuso kuni, nakubuyela
kuye.
10 Zaza zadhlula izigidimi, kwisixeko
ngesixeko, ezweni lakwa-Frayime nelakwa-
Manase, kwada kwa*sezweni la*kwa-Zebulone;
koko baziblekayo, bazigculela. 11 Babeko
noko abatile bakwa-Ashere, nabakwa-
Manase, nabakwa-Zebulone, abazigobayo,
beza e-Yerusaleme. 12 Kanjalo kwa-Juda
bekuko isandhla SIKATIXO ukubanika in-
kliziyo 'nnye, yokuba bawenze umyalelo
wokumkani nenkosi, ngalo ilizwi LIKA-
YEHOVA.
13 Kwaza kwahlanganisana e-Yerusaleme
abantu abaninzi, ukuze babambe umtende-
leko wezonka ezingenagwele, ngennyanga
yesibini, inklanganiso enkulu kunene.
14 Baye besuka basusa izibingelo ezise-
Yerusaleme ; nazo zonke izibingelo zesi-
qumiso bazisusa, baziposa emlanjaneni
we-Kidrone. 15 Bandula baxèla ipasika
ngoweshumi linesine *umhla* wennyanga
yesibini : baye abaperisite naba-Levi bebe-
danile, bazingcwalisa, bangenisa amadini
okutshiswa endhlwini KAYEHOVA. 16 Baza
bema endaweni yokuma yabo, njengesiko
labo, njengomteto ka-Mosesi indoda KA-
TIXO : bati abaperisite basasaza igazi, *bela-
mkela* esandhleni saba-Levi.
17 Ngokuba bebebaninzi enklangani-
sweni abangazingcwalisanga : ngako aba-
Levi babepezu kwokuxèlwa kwazo ipasika,
ngennxa yabo bonke abebengacocekile,
ukwenza ngcwele KUYEHOVA. 18 Ngokuba
isininzi sabantu, *kwa* abaninzi bevela kwa-
Frayime, nakwa-Manase, *na*kwa-Yisakare,
nakwa-Zebulone, bebengazicokisile, koko
batyayo ipasika ngokungenjengokubàliwe-
yo. Kodwa u-Hezekiya wabatandazela,
esiti : Wanga UYEHOVA, lowo ulungileyo,
angaxolela 19 bonke ababekisayo inkliziyo



University of Fort Hare
Together in Excellence

zabo ukufuna UTIXO ONGUYEHOVA, UTIXO
woyise babo, nakuba kungenjengokucokisa
kweyingcwele *indawo*. 20 Waye UYEHOVA
epulapula ku-Hezekiya, wapilisa abantu.

21 Kwa njalo usapo luka-Sirayeli, obe-
luko e-Yerusaleme, lwabamba umtendeleko
wezonka ezingenagwele imihla yasixenxe
ngomgcobo omkulu: bati aba-Levi nabape-
risite badumisa UYEHOVA imihla ngemihla,
ngezicuIiso zendumiso KUYEHOVA. 22 Waza
u-Hezekiya wateta enkliziyweni yabo
bonke aba-Levi, ababenokuqonda ingqondo
elungileyo YOKUKAYEHOVA: baye besitya
okwomtendeleko imihla yasixenxe, bebinga
imibingo yoxolo, besenza imibulelo KUYE-
HOVA, UTIXO woyise babo.

23 Yandula yonke inklanganiso yacebi-
sana ukubamba esinye isixenxe semihla:
babamba ke isixenxe semihla ngomgcobo.
24 Ngokuba u-Hezekiya ukumkani wo-
Juda warolela inklanganiso inkunzana ezi-
liwaka, negusha ezingamawaka asixenxe;
nenkosi zarolela inklanganiso inkunzana
eziliwaka, negusha ezingamawaka alishu-
mi: kanjako abaperisite bebezingcwalisile
ngento enninzi. 25 Yaza yavuya yonke
inklanganiso yo-Juda, nabaperisite, naba-
Levi, nayo yonke inklanganiso eyabi-
vela kwa-Sirayeli, nabasemzini abebe-
vele elizweni lakwa-Sirayeli, abebehlala
kwa-Juda. 26 Kwaye kuko uvuyo olu-
kulu e-Yerusaleme: ngokuba kuselokwe-
mihla ka Solomone, unyana ka-Davide,
ukumkani wo-Sirayeli, bekungekokunjalo
e-Yerusaleme. 27 Bandula besuka abape-
risite abangaba-Levi, batamsanqelisa aba-
ntu: kwaye kuviwa ilizwi labo, wati
umtandazo wabo wangena ekayeni lake
eliyingcwele, ezulwini.

31 Kwati kwakugqitywa konke oku, kwa-
puma bonke o-Sirayeli abebeko baya
ezixekweni zakwa-Juda, baziqokeza intsika
*zamatye*, bazigaula i-Ashera, bacita indawo
ezipakamileyo nezibingelo kuyo yonke
i-Juda ne-Benjamine, nakuyo i-Frayime
ne-Manase, kwada kwagqityelwa. Lwa-
ndula lwonke usapo luka-Sirayeli lwabuya
olunye ngolunye ukuya emfuyweni yalo,
ezixekweni zakowalo.

2 WAZA u-Hezekiya wamisa izahlulo
zabaperisite nezaba-Levi, ngezahlulo zabo,
abanye ngabanye njengenkonzo yabo, aba-
perisite naba-Levi, ngennxa yamadini oku-
tshiswa nangennxa yeminikelo yoxolo,
ukuba bakonze, babulele, badumise noku-
dumisa emasangweni ayo iminqaba KAYE-
HOVA: 3 kwa nesabelo sokumkani kwim-
fuyo yake ngennxa yamadini okutshiswa,
awokusa nawokuhlwa amadini okutshiswa,
nawesabata amadini okutshiswa, nawen-
nyanga ezitwasileyo, nawemitendeleko
emisiweyo, njengokubâliweyo emtetweni
KAYEHOVA.

4 Waza waxelela abantu, abemi base-
Yerusaleme, ukuba mabanike isabelwa
sabaperisite naba-Levi, ukuze babambelele
emtetweni KAYEHOVA. 5 Kekaloku laku-
gqabuka ilizwi elo, lwakolisa usapo luka-
Sirayeli ukuzisa ulibo lwennqolowa, *neve*-
yine, neoli, nobusi, nolwako lonke ukuve-
lisa kwentsimi: lwaluzisa nesishumi *sezinto*
zonke ngobuninzi. 6 Kanjalo usapo luka-
Sirayeli noluka-Juda, olube luhlala ezixe-
kweni zakwa-Juda, lwazisa nalo isishumi
senkabi negusha, nesishumi sezinto ezi-
ngcwele ezibe zingcwalisiwe KUYEHOVA,
UTIXO walo, lwazibeka ngemfumba ngem-
fumba. 7 Ngennyanga yesitatu lwaqala
ukuseka imfumba ezo, lwagqiba ke ngen-
nyanga yesixenxe. 8 Bati bakuza u-
Hezekiya nenkosi babona imfumba ezo,
babonga UYEHOVA, nabantu bake o-Sirayeli.
9 Wandula u-Hezekiya wabuza abaperisite
naba-Levi ngazo imfumba ezo. 10 Waza
u-Hazariya umperisite omkulu, owendhlu
ka-Tsadoki, wateta kuye, wati: Kuse-
loko kwaqalwayo ukungenisa iminikelo
endhlwini KAYEHOVA, sidhlile sahluta, ewe
sisalisile ngento enninzi: ngokuba UYE-
HOVA ebatamsanqele abantu bake, kwada
kwasala ingxokolo le.

11 Wandula waxela u-Hezekiya ukuba
kulungiswe inkambili endhlwini KAYEHOVA:
bazilungisa ke, 12 bangenisa iminikelo,
nezishumi, nezinto ezingcwele, ngennyani-
so: waye u-Kononiya um-Levi ebengum-
pati pezu kwazo, no-Shimehi umninawe
wake ebengowasemva. 13 Kanjalo u-
Yehili, no-Hazaziya, no-Nahate, no-Hasa-
heli, no-Jerimote, no-Yozabadi, no-Eliyeli,
no-Simakiya, no-Mahate, no-Benaya, bebe-
ngamagosa ngapantsi kwesandhla sika-
Kononiya no-Shimehi umninawe wake,
ngommiselo ka-Hezekiya ukumkani, no-
Hazariya umpati wendhlu KATIXO. 14
No-Kore unyana ka-Yimna um-Levi, umli-
ndimnyango ngasempumalanga, yena ebe-
pezu kweminikelo yesisa KATIXO, ukuba
abe iminikelo KAYEHOVA, nezinto ezingcwele



University of Fort Hare

kakulu. 15 Nangapantsi kwake, u-Hedeni,
no-Minyamine, no-Yoshuwa, no-Shemaya,
no-Amariya, no-Shekaniya, bebesezixekwe-
ni zabaperisite, ebusebenzini *babo*, ukuba
babele abazalwana babo ezahlulweni, kwa
nabakulu nabancinane: 16 ngapandhle
kwababudoda babo ababàlelweyo ngokuza-
lwa, abaminyaka yobudala mitatu napezulu,
bonke abangenayo endhlwini KAYEHOVA,
ngennxa yokubanga kwemihla ngemihla,
ngennxa yenkonzo yabo, ngezigcinelo zabo,
ngezahlulo zabo: 17 kwa nabaperisite aba-
bàlelweyo ngendhlu zoyise zabo, naba-
Levi abaminyaka yobudala imashumi ma-
bini napezulu, ngezigcinelo zabo, ngeza-
hlulo zabo; 18 nababàlelweyo ngokuzalwa
pakati kwazo zonke intsapo zabo, abafazi
babo, nonyana babo, nentombi zabo, kuyo
yonke inklanganiso: ngokuba ebusebenzini
babo bazingcwalisa ebungcweleni. 19 Ka-
njalo onyana baka-Arone abaperisite, ezin-
dhleni zennqele zezixeko zabo, kuzo zonke
izixeko ngazinye, bebenamadoda abalulwe-
yo ngamagama, ukuba anike izabelwa kubo
bonke ababudoda pakati kwabaperisite,
nakubo bonke ababàlelweyo ngokuzalwa
pakati kwaba-Levi.
20 Wenza ngokunjalo u-Hezekiya kuyo
yonke i-Juda; wayesenza okulungileyo,
nokufaneleyo, nokuyinnyaniso, ebusweni
BUKAYEHOVA, UTIXO wake. 21 Nakuwo
wonke umsebenzi owawuqalayo enkonzwe-
ni yendhlu KATIXO, nakuwo umteto, nakuwo
umyalelo, ukuba afune UTIXO wake, wenza
ngayo yonke inkliziyo yake, watamsanqe-
leka.

32 EMVENI kwezizinto, nokuqiniswa
kwazo, kweza u-Senakeribe, uku-
mkani we-Asiriya, wangena pakati kwe-
Juda, waraula izixeko ezinqatyisiweyo,
waba uya kuzoyisa kuye.
2 Wati akubona u-Hezekiya ukuba u-
Senakeribe ufikile, nokuba ubuso bake *bu-
bekwa* ukulwa ne-Yerusaleme, 3 wacebi-
sana nenkosi zake namagora ake, ukuba
kuvingcwe amanzi emitombo engapa-
ndhle kwesixeko: baza bamnceda ke. 4
Ngokuba bekuhlanganiswa abantu abani-
nzi, abavingcayo yonke imitombo, nomla-
njana okukulayo pakati kwelozwe, besiti:
Yinina ukuba okumkani be-Asiriya beze
*apa*, bafumane amanzi amaninzi? 5 Waza
wazomeleza, walwaka lwonke udonga olu-
be lucitiwe, walunyusa kwada kwasezin-
nqatyeni; *waka* nolunye udonga ngapa-
ndhle, wanqabisa i-Milo esixekweni sika-
Davide, wenza izikali namakaka ngobuni-
nzi. 6 Kanjalo wamisa inkosi zokulwa pezu
kwabantu, wazihlanganisela kuye enku-
ndhleni yasesangweni lesixeko, wateta en-
kliziyweni yazo, esiti: 7 Yomelelani ni-
kalipe, ningoyiki, ningatuswa nokutuswa,
ngennxa yokumkani we-Asiriya, nangen-
nxa yaso sonke isihlwele esinaye: ngo-
kuba bebaninzi abanati pezu kwabanayo:
8 yingalo yenyama enaye, kodwa NGUYE-
HOVA, UTIXO wetu, onati, ukuba asincedo,
nokuba alwe ukulwa kwetu. Bati abantu
bayamela emazwini ka-Hezekiya ukumka-
ni wo-Juda.
9 Emveni kwoku u-Senakeribe ukumka-
ni we-Asiriya watuma izicaka zake ukuya
e-Yerusaleme, (kodwa yena ebepambi
kwe-Lakisho, nabo bonke abobukosi bako
kunye naye,) ku-Hezekiya ukumkani wo-
Juda, nakubo bonke o-Juda ababese-Yeru-
saleme, esiti: 10 Utsho u-Senakeribe uku-
mkani we-Asiriya ukuti: Kuyinto nina
enitembela kuyo, ukuba nihleli ekuvi-
ngcelekeni e-Yerusaleme? 11 Akanihe-
ndi na u-Hezekiya, ukuba aninikele uku-
buba ngendhlala nangenxànwa, esiti: U-
YEHOVA, UTIXO wetu, uya kusisindisa esa-
ndhleni sokumkani we-Asiriya? 12 Asi
nguye na u-Hezekiya ozisusileyo indawo
ezipakamileyo zake nezibingelo zake, wa-
tsho ko-Juda nakwi-Yerusaleme, esiti: Pa-
mbi kwesibingelo sinye niya kutoba, na-
pezu kwaso niya kuqumisa? 13 Anikwazi
na oko endikwenzileyo mina, kwa nobawo
bami, kubo bonke abantu *bamanye* amazwe?
Otixo benklanga zalomazwe bebeka bana-
mandhla okusindisa amazwe abo esandhle-
ni sami na? 14 Nguwupina kubo bonke
otixo benklanga ezo obawo bami bazilahle-
le ekutshatyalalisweni, obenamandhla oku-
sindisa abantu bake esandhleni sami, uku-
ba UTIXO wenu abe namandhla okusindisa
nina esandhleni sami? 15 Ngako kaloku
maningakohliswa ngu-Hezekiya, mani-
ngahendwa nokuhendwa nguye ngoku-
njalo, maningakolwa nguye kanjako: ngo-
kuba kungeko namnye utixo wolunye
uhlanga nowobunye ubukumkani, obenama-
ndhla okusindisa abantu bake esandhleni
sami, nasesandhleni sobawo bami; kuka-
ncinane kangakananina ngakumbi ke, u-
kuba UTIXO wenu wosindisa nina esandhle-
ni sami? 16 Zasalekela izicaka zake uku-



University of Fort Hare
Together in Excellence

teta ngakuye UYEHOVA ONGUTIXO, nanga-
kuye u-Hezekiya isicaka sake.
17 Kanjako wazibàla inncwadi ukutuka
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, nokuteta nga-
kuye, esiti: Njengokuba otixo benklanga
*zamanye* amazwe bengasindisanga abantu
babo esandhleni sami, kwa njalo UTIXO ka-
Hezekiya akayi kusindisa abantu bake
esandhleni sami. 18 Zaza zadanduluka
ngelizwi elikulu, ngesi-Juda, ngasebantwi-
ni base-Yerusaleme abebepezu kwodo-
nga, ukuboyikisa nokubatusa; ukuze zi-
timbe isixeko. 19 Zaye ziteta ngakuye
UTIXO we-Yerusaleme, njengakubo otixo
bezizwe zomhlaba, umsebenzi wezandhla
zabantu.
20 Wasuka watandaza u-Hezekiya uku-
mkani, no-Yisaya unyana ka-Amotse um-
profite, pezu kwoku, bakala ngasezulwini.
21 Waza UYEHOVA watuma ingelosi, eyati
shwaqe onke amagora oburoti, nabakokeli,
nenkosi, emkosini wokumkani we-Asiriya.
Wada wabuya ngedano lobuso ukuya kwe-
lake ilizwe. Wati akuba engenile endhlwi-
ni yotixo wake, bandula abo abebepumile
kowake umbilini bamwisa kona ngerele.
22 Wenje njalo UYEHOVA ukusindisa u-
Hezekiya nabemi base-Yerusaleme esa-
ndhleni sika-Senakeribe ukumkani we-Asi-
riya, nasesandhleni *sabanye* bonke, waba-
kapa ngamacala onke. 23 Kwaye kuziswa
ngabaninzi iminikelo KUYEHOVA e-Yeru-
saleme, nezinto ezinqabileyo ku-Hezekiya
ukumkani wo-Juda; waza wapakanyiswa
emehlweni enklanga zonke emveni kwoko.

24 NGALOMIHLA wabesifa u-Hezeki-
ya wada waza kububa: wandula watanda-
za KUYEHOVA, owateta kuye, wamnika um-
qondiso. 25 Kodwa u-Hezekiya akabu-
yekeza ngokunjengokusizwa kwake; ngo-
kuba inkliziyo yake ibiratshile: ngako
bekuko umsindo pezu kwake, napezu kwo-
Juda ne-Yerusaleme. 26 Koko u-Heze-
kiya wazigobayo ngennxa yokuratsha
kwenkliziyo yake, yena nabemi base-Yeru-
saleme; waza umsindo KAYEHOVA aweza
pezu kwabo emihleni ka-Hezekiya.
27 Waye u-Hezekiya ebenobutyebi no-
dumo olukulu kunene: wayezenzela inka-
mbili zokubekela zibe zezesilivere, nezego-
lide, nezamatye anqabileyo, nezezimnandi,
nezamakaka, nezazo zonke izinto ezinqwe-
nelekileyo; 28 kwa nezindhlu zokubekela
zokwanda kwennqolowa, neveyine, neoli;
nezitale zenklobo zonke zezilo, nezibaya
zemihlambi. 29 Kanjako wazenzela izi-
xeko, nemfuyo yegusha nenkomo ngobuni-
nzi; ngokuba UTIXO ebemnikile impahla
enninzi kunene.
30 Ukwa nguye u-Hezekiya owavingca
elasenkla itende lamanzi ase-Gihone, wa-
wondisa ngapantsi ecaleni lasentshonala-
nga lesixeko sika-Davide. Kwa njalo u-
Hezekiya watamsanqeleka kuyo yonke
imisebenzi yake.
31 Kwaye kunjalo kodwa, *ekufikeni* kwe-
zitunywa zenkosi zase-Babilone, ezibe zi-
tumile kuye ukuba kubuzwe ngommanga-
liso obe wenzekile elizweni, UTIXO wamshi-
ya, ukuba amlinge, ukuze akwazi konke
okusenkliziyweni yake.
32 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Hezekiya, nezibele zake, bona ke, zibà-
liwe emibonisweni ka-Yisaya unyana ka-
Amotse, umprofite, *nasen*ncwadini yoku-
mkani bo-Juda no-Sirayeli. 33 Wada
u-Hezekiya walala noyise bake, wancwa-
tywa kwelapezulu lamancwaba onyana
baka-Davide: bati bonke o-Juda nabase-
Yerusaleme bamenzela udumo ekufeni
kwake. Waza u-Manase unyana wake
waba ngukumkani esikundhleni sake.

33 EBEYIMINYAKA ilishumi linami-
bini u-Manase ubudala bake, akuba
ngukumkani, wapata ubukumkani iminya-
ka yamashumi mahlanu anamihlanu e-Ye-
rusaleme. 2 Wayesenza okukohlakeleyo e-
mehlweni KAYEHOVA, njengento ezibuntsho-
ntsho zabaheyideni, ababegqogqiwe NGU-
YEHOVA pambi kwalo usapo luka-Sirayeli.
3 Ngokuba wabuya wazaka indawo ezipa-
kamileyo, ezo u-Hezekiya uyise wake ube-
zicitile; wamisela o-Bali izibingelo, we-
nza imifanekiso ka-Ashera, wazitoba kuwo
wonke umkosi wezulu, wawukonza. 4
Waka izibingelo nasendhlwini KAYEHOVA,
owabesiti UYEHOVA ngayo: e-Yerusaleme
liya kubako igama lami kude kube ngu-
napakade. 5 Wakela nawo wonke umko-
si wezulu izibingelo, emabaleni omabini
endhlu KAYEHOVA. 6 Waye yena kanjalo
edhlulisa abantwana bake emlilweni, esi-
hlanjeni sonyana ka-Hinome, wenza ngo-
bugqi, walaula, wenza ngobanuse, wenze-
lana nemishologu namatola: wandisa u-
kwenza okukohlakeleyo emehlweni KAYE-
HOVA, ukumqumbisa. 7 Kanjako wabeka
umfanekiso oqingqiweyo, idalo abelenzile,



University of Fort Hare

endhlwini KATIXO, owabesiti UTIXO ngayo
ku-Davide naku-Solomone unyana wake:
Kulendhlu, nakuyo i-Yerusaleme, endiyi-
nyulileyo kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli,
ndiya kubeka igama lami kude kube ngu-
napakade: 8 ndandingayi kupinda uku-
kwelelisa unyawo luka-Sirayeli emhlabe-
ni, endiwumisele oyihlo benu; kupela uku-
ba baya kulumkela ukwenza konke endi-
bayaleleyo ngako, ngawo wonke umteto,
nezimiselo, nezigwebo, ngesandhla sika-
Mosesi.

9 Wenje njalo u-Manase ukudungude-
lisa o-Juda nabemi base-Yerusaleme, bada
bakwenza okukohlakeleyo ngapezu kwa-
baheyideni, abo wabatshabalalisayo UYE-
HOVA pambi kwalo usapo luka-Sirayeli.
10 Wandula wateta UYEHOVA ku-Manase,
nasebantwini bake: abapulapula noko. 11
Ngako UYEHOVA wazisa pezu kwabo inkosi
zomkosi wokumkani we-Asiriya, ezamba-
mba u-Manase emitolweni, zamnxiba nga-
makamandela obedu, zamsa e-Babilone.
12 Kodwa ekuxinezelweni kwake wabo-
ngoza ubuso BUKAYEHOVA, UTIXO wake, wa-
zigoba kakulu pambi KWOTIXO woyise bake,
13 watandaza kuye: waza wakungeleka
kuye, weva isitaruziso sake, wambuyisela
e-Yerusaleme ebukumkanini bake. Wa-
ndula wazi u-Manase ukuba UYEHOVA u-
nguye UTIXO.

14 Nasemveni kwoku waka udonga nga-
pandhle kwesixeko sika-Davide, ngaseca-
leni lasentshonalanga le-Gihone emfule-
ni, nakude kwasekungenweni ngesango
lenklanzi, wabiyela i-Hofeli, walupaka-
misa kakulu, wabeka inkosi zokulwa ku-
zo zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwa-
Juda. 15 Wayesusa otixo basemzini
nelodalo endhlwini KAYEHOVA, nazo zonke
izibingelo abezakile entabeni yendhlu KA-
YEHOVA, nase-Yerusaleme, waziposa nga-
pandhle kwesixeko. 16 Waza walungisa
isibingelo SIKAYEHOVA, wabinga pezu kwa-
so imibingo yoxolo neminikelo yokubu-
lela, waxelela o-Juda ukuba bakonze
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli. 17 Kodwa
abantu basabinga imibingo ezindaweni
ezipakamileyo, *bebingela* UYEHOVA, UTIXO
wabo, kupela.

18 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Manase, nomtandazo wake kuye UTIXO wa-
ke, namazwi abo ababoni abateta kuye
egameni LIKAYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
bona ke, zisembàlini yokumkani bo-Sira-
yeli. 19 Kanjalo umtandazo wake, noko-
kuba *u-Tixo* wakungeleka kuye, nazo
zonke izono zake, nobumenemene bake,
nendawo owati kuzo waka indawo ezipa-
kamileyo, wazimisa i-Ashera nemifanekiso
eqingqiweyo, engekazigobanga, bona ke,
zibàliwe emazwini ababoni. 20 Wada u-
Manase walala noyise bake, wanewatywa
endhlwini yake; waza u-Amoni unyana
wake waba ngukumkani esikundhleni
sake.

21 EBEYIMINYAKA imashumi ma-
bini anesibini u-Amoni ubudala bake,
akuba ngukumkani, wapata ubukumkani
iminyaka yamibini e-Yerusaleme. 22 Wa-
yesenza okukohlakeleyo emehlweni KA-
YEHOVA, njengokuba ebenje njalo u-Manase
uyise: ngokuba u-Amoni wayibingela
yonke imifanekiso eqingqiweyo abeye-
nzile uyise, wayikonza; 23 akazigoba pa-
mbi KWOYEHOVA, njengokuba ebezigobile
u-Manase uyise; koko u-Amoni lowo wa-
ndisayo ityala. 24 Zaza izicaka zake za-
ceba ngakuye, zamfisa kweyake indhlu.
25 Kodwa abantu belizwe babulala bonke
abebecebile ngakuye ukumkani u-Amoni:
bandula abantu belizwe benza u-Josiya
unyana wake ukumkani esikundhleni
sake.

34 EBEYIMINYAKA yasibozo u-Josiya
ubudala bake, akuba ngukumkani,
wapata ubukumkani iminyaka yamashumi
matatu anamnye e-Yerusaleme. 2 Waye-
senza okufaneleyo emehlweni KAYEHOVA,
wahamba ezindhleleni zika-Davide uyise,
engapambukelanga nangasekunene nanga-
sekohlo. 3 Ngokuba ngowesibozo um-
nyaka wokupata kwake ubukumkani, nxa
abesengumfana, waqala ukufuna UTIXO ka-
Davide uyise; nangomnyaka weshumi li-
nesibini, waqala ukucokisa i-Juda ne-
Yerusaleme kuzo indawo ezipakamileyo,
ne-Ashera, nemifanekiso eqingqiweyo, na-
leyo ityityishiweyo. 4 Baye becita izi-
bingelo zo-Bali ebusweni bake; nezifane-
kiselo zelanga ezibe zipezulu pezu kwazo,
wazigaula; ne-Ashera, nemifanekiso eqi-
ngqiweyo, naleyo ityityishiweyo, wayiqe-
keza, wenza utuli *ngayo*, walutshiza pezu
kwamanewaba abo abebebingelele kuyo.
5 Namatambo abaperisite wawatshisa
pezu kwezibingelo zabo; wacokisa i-Juda
ne-Yerusaleme. 6 Nakuzo izixeko zakwa-



University of Fort Hare

Manase, nezakwa-Frayime, nezakwa-Simo-
ne, kwada kwakuzo ezakwa-Nefatali, ema-
nxuweni abo azingqongayo, 7 wazicita izi-
bingelo ne-Ashera, wayikanda imifanekiso
eqingqiweyo yada yaba luthuli, wagaula
izifanekiselo zelanga kulo lonke ilizwe
lakwa-Sirayeli : waza wabuya waya e-
Yerusaleme.

8 Kekaloku ngoweshumi linesibozo
umnyaka wokupata kwake ubukumka-
ni, akuba ebesel' ecokisile ilizwe, nen-
dhlu, watuma u-Shafane unyana ka-Atsa-
liya, no-Mahaseya inkosi yesixeko, no-
Jowahi unyana ka-Yowahazi, umkumbuzi,
ukuya kulungisa indhlu KAYEHOVA, UTIXO
wake. 9 Bati bakuza ku-Hilikiya umpe-
risite omkulu, bayinika imali ebizisiwe
endhlwini KATIXO, leyo aba-Levi abagci-
nayo umnyango bayibuta esandhleni so-
Manase no-Frayime, nakuso sonke isisalela
so-Sirayeli, nakubo bonke o-Juda no-
Benjamine ; bandula babuyela e-Yerusa-
leme : 10 bayinika ke esandhleni sabo
bawenza umsebenzi, sabo bonganyisiweyo
pezu kwendhlu KAYEHOVA ; bati bona bayi-
nika kubo abawenza umsebenzi, abasebe-
nzayo endhlwini KAYEHOVA, ukulungisa
nokuqinisa indhlu leyo ; 11 bayinika
kwinncibi zemiti nakubaki, kuze kute-
ngwe amatye aqandulweyo, nemiti yoku-
bandakanyisa, neyokupahla izindhlu ezibe
zicitiwe ngokumkani bo-Juda. 12 Aza
amadoda lawo enza ngennyaniso kulomse-
benzi : nabo ababe bonganyisiwe pezu
kwawo, ngu-Yahati, no-Hobadiya, aba-
Levi kubo onyana baka-Merari ; no-Zeka-
riya, no-Meshulame, kubo onyana bama-
Kohati ; ukuba bongame : naba-Levi aba,
bonke bebenokuqonda ngezinto zokucu-
lisa. 13 Babepezu kwabatwali bemitwalo
kanjalo, bengabongama pezu kwabo bonke
abawenza umsebenzi ngenkonzo ngenko-
nzo : nakubo aba-Levi bebeko ababàli, na-
magosa, nabalindimnyango.

14 Kwati kwakukutshwa imali ebizisiwe
endhlwini KAYEHOVA, wayifumana u-Hili-
kiya umperisite innewadi yomteto KAYE-
HOVA *obunikiwe* ngesandhla sika-Mosesi. 15
Waza wateta u-Hilikiya wati ku-Shafane
umbàli : Innewadi yomteto ndiyifumene
endhlwini KAYEHOVA. Wandula u-Hiliki-
ya wanika innewadi leyo ku-Shafane. 16
Wasuka u-Shafane weza nennewadi leyo
kukumkani, wamzisela ukumkani kanjako
impendulo, esiti : Konke obekunikelwa
ezandhleni zezicaka zako, ziyakwenza. 17
Sezikupile imali ebifunyanwa endhlwini
KAYEHOVA, zayinika esandhleni sabonga-
ma, nasesandhleni sabo bawenza umsebe-
nzi. 18 Waye kanjalo u-Shafane umbàli
wayeshumayela kukumkani, esiti : Ndini-
kiwe innewadi ngu-Hilikiya umperisite.
Waza u-Shafane walesesha kuyo ebusweni
bokumkani. 19 Kwaye kute, xeshekweni
ukumkani weyayo amazwi omteto, wara-
zula izivato zake. 20 Wandula ukumkani
wayalela u-Hilikiya, no-Ahikame unyana
ka-Shafane, no-Habedoni unyana ka-Mika,
no-Shafane umbàli, no-Hasaya isicaka so-
kumkani, ngokuti : 21 Hambani, niye ni-
buze KUYEHOVA ngennxa yami, nangennxa
yabaseleyo kwa-Sirayeli nakwa-Juda, pezu
kwamazwi alennewadi ifunyenweyo : ngo-
kuba umkulu umsindo KAYEHOVA otululwe-
yo pezu kwetu, ngokokuba obawo betu be-
ngaligcinanga ilizwi LIKAYEHOVA, ukwenza
ngako konke okubàliweyo kulennewadi.

22 Wayehamba u-Hilikiya, nabokumka-
ni, ukuya ku-Hulida umprofitekazi, umfazi
ka-Shalume, unyana ka-Tokate, unyana ka-
Hasera, umgcini wezivato ; (waye yena
ehlala e-Yerusaleme, kwesesibini isahlulo
*sayo* ;) baza bateta kuye ngokunjalo. 23
Wayesiti kubo : Utsho UYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli, ukuti : Yitini kulondoda ini-
tumileyo ukuza kumi : 24 Utsho UYEHOVA
ukuti : Bona ke, ndiya kuzisa ilishwa pezu
kwalendawo, napezu kwabemi bayo, zonke
iziqalekiso ezibàliweyo ennewadini abayi-
leseshileyo ebusweni bake ukumkani wo-
Juda : 25 ngennxa yokuba bendishiyile,
nokuba bequmisile kotixo bambi, ukuze
bandiqumbise ngayo yonke imisebenzi ye-
zandhla zabo ; ngako umsindo wami wotu-
lulwa pezu kwalendawo, ungacinywa ke.
26 Kodwa kukumkani wo-Juda, onitumi-
leyo ukuza kubuza KUYEHOVA, niya kutsho
kuye ngokuti : Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti : Amazwi uwavileyo,—
27 ngokokuba inkliziyo yako ibitambile,
nokuba wazigoba pambi KWOTIXO, ekuveni
kwako amazwi ake ngakuyo lendawo, na-
ngakubo abemi bayo, wazigoba pambi
kwami, warazula nezivato zako, walila no-
kulila ebusweni bami ; kanjalo nami ndi-
*kuvile wena*, utsho UYEHOVA. 28 Bona ke,
ndiya kukubutela koyihlo bako, wauya
kubutelwa enewabeni lako ngoxolo ; na-
mehlo ako wona akayi kubona lonke ili-
shwa endiya kulizisa pezu kwalendawo,



University of Fort Hare

napezu kwabemi bayo. Baza bamzisela ukumkani impendulo.

29 Wandula watuma ukumkani, wahlanganisa bonke abadala bo-Juda ne-Yerusaleme. 30 Wayenyuka ukumkani waya endhlwini KAYEHOVA, nawo onke amadoda akwa-Juda, nabemi base-Yerusaleme, nabaperisite, naba-Levi, nabo bonke abantu, kwa nabakulu nabancinane; waza walesesha ezindhlebeni zabo onke amazwi ennewadi yocebano, ebifunyenwe endhlwini KAYEHOVA. 31 Wema ukumkani endaweni yokuma yake, wenza ucebano pambi KWOYEHOVA, lwokuba kulandelwe UYEHOVA, nokuba kugcinwe imiyalelo yake, nezinqinelo zake, nezimiselo zake, ngayo yonke inkliziyo yake, nangawo wonke umpefumlo wake, kufezwe amazwi ocebano abàliweyo kulennewadi. 32 Wenza bonke abebeko e-Yerusaleme nakwa-Benjamine beme *kulo* nabo. Kwa njalo abemi base-Yerusaleme benza ngalo ucebano LUKATIXO, UTIXO woyise babo.

33 Waza wasusa u-Josiya zonke izinto ezibuntshontsho kuwo onke amazwe abengawosapo luka-Sirayeli, wabakonzisa bonke abebeko kwa-Sirayeli, ukuba bakonze UYEHOVA, UTIXO wabo: yonke imihla yake bebengapambuki ekulandeleni UYEHOVA, UTIXO woyise babo.

35 WANDULA u-Josiya wabamba ipasika KUYEHOVA e-Yerusaleme: baye bexèla ipasika ngoweshumi linesine *umhla* wennyanga yokuqala. 2 Waza wabamisa abaperisite pezu kwezigcinelo zabo, wabomelezela inkonzo yayo indhlu KAYEHOVA; 3 wati kuba-Levi, abafundisayo o-Sirayeli bonke, abebengabangcwele KUYEHOVA: Bekani ityeya eyingcwele endhlwini ebisakiwa ngu-Solomone unyana ka-Davide ukumkani wo-Sirayeli; aniyi kuba namtwalo pezu kwamagxalaba; kaloku konzani UYEHOVA, UTIXO wenu, nabantu bake o-Sirayeli, 4 nizilungise ngezindhlu zoyise zenu, njengezahlulo zenu, ngesibàlo sika-Davide ukumkani wo-Sirayeli, nangesibàlo sika-Solomone unyana wake; 5 nime kweyingcwele *indawo*, ngezahlukaniso zezindhlu zoyise zabazalwana benu usapo lwabantu, na*ngo*kwahlulwa kwezindhlu zoyise zaba-Levi; 6 nixèle ipasika, nizingcwalise, nilungisele abazalwana benu, ukuba benze ngalo ilizwi LIKAYEHOVA ngesandhla sika-Mosesi.

7 Waye u-Josiya erolela usapo lwabantu ezinkomeni ezinncinane, amatakane egusha nawebokwe, abe ngaweminikelo yepasika onke, ngennxa yabo bonke abebeko, angamawaka angamashumi matatu inani lawo, nenkabi ezingamawaka matatu: ezi bezizezemfuyo yokumkani. 8 Nenkosi zake zona zarolela abantu, nabaperisite, naba-Levi, ngokuvuma: u-Hilikiya, no-Zekariya, no-Yehili, abapati bendhlu KATIXO, banikela abaperisite, zibe yiminikelo yepasika, *inkomo ezinncinane* ezingamawaka mabini anamakulu matandatu, nenkabi ezingamakulu matatu. 9 Kanjalo u-Konaniya, no-Shemaya, no-Netaneli, abazalwana bake, no-Hashabiya, no-Yeyeli, no-Yozabadi, inkosi zaba-Levi, barolela aba-Levi, zibe yiminikelo yepasika, *inkomo ezinncinane* ezingamawaka mahlanu, nenkabi ezingamakulu mahlanu.

10 Kwada kwalungiswa inkonzo: baza abaperisite bema endaweni yokuma yabo, naba-Levi ezahlulweni zabo, njengomyalelo wokumkani. 11 Baza baxèla ipasika; bati abaperisite bafefa *ngegazi, belamkela* ezandhleni zabo, naba-Levi bahlinza. 12 Bandula basusa okwamadini okutshiswa, ukuba bakunike ngezahlulo zendhlu zoyise elusatsheni lwabantu, ukuze lunikele KUYEHOVA, njengokubàliweyo ennewadini ka-Mosesi: *benje* njalo ngenkabi nazo. 13 Baye besoja ipasika ngomlilo, njengesiko; kodwa izinto ezingcwele bazipeka ezimbizeni, nakongxawo, nasezikotileni, baza bababela bonke abantu ngobunxamo.

14 Nakamva balungisela bona, nabaperisite: ngokuba abaperisite, onyana baka-Arone, bebesekunikeleni amadini okutshiswa namanqata kwada kwasebusuku; ngako aba-Levi balungisela bona, nabaperisite onyana baka-Arone. 15 Kanjalo abaculi, onyana baka-Safa, bebesendaweni yokuma yabo, njengomyalelo ka-Davide, no-Safa, no-Hemani, no-Jedutune umboni wokumkani; nabalindimnyango ngesango ngesango; bebengabangwa bona ukumka enkonzweni yabo, ngokuba abazalwana babo, aba-Levi, babalungisela. 16 Kwa njalo kwalungiswa yonke inkonzo KAYEHOVA ngaleyommini, ukuba kubanjwe ipasika, nokuba kunikelwe amadini okutshiswa pezu kwesibingelo SIKAYEHOVA, njengomyalelo wokumkani u-Josiya. 17 Lwaza usapo luka-Sirayeli obeluko lwabamba ipasika ngexesha elo, nomtendeleko wezonka ezingenagwele imihla esixenxe.



University of Fort Hare
Together in Excellence

18 Kwaye kungabanjwanga ipasika
enjalo, kuselokwemihla ka-Samyali umpro-
fite; kanjako akwabiko namnye ukumkani
wo-Sirayeli owabamba ipasika enjengaleyo
wayibambayo u-Josiya, nabaperisite, naba-
Levi, nabo bonke o-Juda no-Sirayeli abe-
beko, nabemi base-Yerusaleme. 19 Ngo-
weshumi linesibozo umnyaka wobukumka-
nį buka-Josiya kwabanjwa ipasika le.

20 Emveni kwako konke oku, akuba
u-Josiya ebesel' elungisile indhlu, kwe-
nyuka u-Neko ukumkani we-Jipete ukulwa
ngakuyo i-Karakemishe, ngasem-Ferate:
waza u-Josiya wapumela ngakuye. 21 Wa-
ndula watuma izigidimi ukuya kuye, esiti:
Ndiyinto nina kuwe, kumkani wo-Juda?
andizi ngakuwe wena namhla, *ndiza* nga-
kuyo indhlu elwayo nami; ngokuba UTIXO
ete uya kundikaulezisa: yeka wena UTIXO,
okunye nami, ukuze angakububisi. 22 Ko-
dwa u-Josiya akasonga ubuso bake kuye,
koko wazenza ngakumbi ukuba alwe naye;
akapulapula kuwo amazwi ka-Neko evela
emlonyeni KATIXO, kodwa weza ukulwa
emhlanjeni wase-Megido. 23 Bati abatoli
bamtolela ukumkani u-Josiya; waza wati
ukumkani kwizicaka zake: Nimke nami,
ngokuba ndenziwe inxeba kakulu. 24 Za-
ndula izicaka zake zamsusa ennqwelweni
leyo, zamkwelisa kweyesibini innqwelo
abenayo, zamsa e-Yerusaleme; wada wafa,
wanewatywa emanewabeni oyise bake:
baza bonke o-Juda nabase-Yerusaleme bam-
lilela u-Josiya. 25 Kanjako u-Jeremiya
wenza isililo pezu kwo-Josiya; nabo bonke
abaculi nabaculikazi bateta ngo-Josiya
ezililweni zabo kwada kwanamhla, baze-
nza zibe ngummiso kwa-Sirayeli: bona
ke, zibàliwe ezililweni.

26 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Josiya, nezibele zake, njengoko kubàliweyo
emtetweni KAYEHOVA, 27 nezenzo zake,
ezokuqala nezokupela, bona ke, zibàliwe
ennewadini yokumkani bo-Sirayeli no-
Juda.

36 BANDULA abantu belizwe batabata
u-Yehowahazi unyana ka-Josiya,
bamenza ukumkani esikundhleni soyise e-
Yerusaleme. 2 Ebeyiminyaka imashumi
mabini anesitatu u-Yehowahazi ubudala
bake, akuba ngukumkani, wapata ubuku-
mkani innyanga zantatu e-Yerusaleme. 3
Koko ukumkani we-Jipete wamshenxisayo
*angabi ngukumkani* e-Yerusaleme, wahlau-
lisa ilizwe ikulu letalente zesilivere, neta-
lente innye yegolide. 4 Waza ukumkani
we-Jipete wamenza u-Eliyakime umkulu-
we wake ukumkani pezu kwo-Juda ne-
Yerusaleme, waguqula igama lake libe
ngu-Yoyakime; no-Yehowahazi umninawe
wake, wamtabata u-Neko, wamzisa e-
Jipete.

5 Ebeyiminyaka imashumi mabini ana-
mihlanu u-Yoyakime ubudala bake, akuba
ngukumkani, wapata ubukumkani iminya-
ka yalishumi elinamnye e-Yerusaleme:
wayesenza okukohlakeleyo emehlweni KA-
YEHOVA, UTIXO wake. 6 Kwenyuka nga-
kuye u-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone, wamnxiba ngamakamandela obe-
du, ukuba amse e-Babilone. 7 Nempahla
zendhlu KAYEHOVA wazizisa u-Nebukane-
tsare innxennye e-Babilone, wazibeka ete-
mpileni yake e-Babilone.

8 Kekaloku isisalela semicimbi ka-
Yoyakime, nento ezibuntshoutsho zake
owazenzayo, noko obekufunyanwa kuye,
bona ke, zibàliwe ennewadini yokumkani
bo-Sirayeli no-Juda: waza u-Yoyakine
unyana wake waba ngukumkani esiku-
ndhleni sake.

9 Ebeyiminyaka yasibozo u-Yoyakine
ubudala bake, akuba ngukumkani, wapata
ubukumkani innyanga zantatu nemihla
yalishumi e-Yerusaleme: wayesenza oku-
kohlakeleyo emehlweni KAYEHOVA. 10
Nasekutwaseni kwomnyaka, watuma uku-
mkani u-Nebukanetsare, wamzisa e-Babi-
lone, kunye nezinto ezinqwenelekileyo
zendhlu KAYEHOVA, wamenza u-Zedekiya
umzalwana wake ukumkani pezu kwo-
Juda ne-Yerusaleme.

11 Ebeyiminyaka imashumi mabini
anamnye u-Zedekiya ubudala bake, akuba
ngukumkani, wapata ubukumkani iminya-
ka yalishumi elinamnye e-Yerusaleme.
12 Wayesenza okukohlakeleyo emehlweni
KAYEHOVA, UTIXO wake; akazigoba pambi
kwo-Jeremiya umprofite, *eteta* okuvela
emlonyeni KAYEHOVA. 13 Nakanjako wa-
vukela ngakuye ukumkani u-Nebukane-
tsare, obemfungisile UTIXO; intamo yake
wayenza lukuni, nenkliziyo yake wayi-
gwenxisa, ukuba angaguqukeli KUYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli.

14 Kanjalo zonke inkosi zabaperisite, na-
bantu, bandisa ukwenza ngobumenemene
kakulu, njengazo zonke izinto ezibuntsho-
ntsho zabaheyideni; bancolisa indhlu KAYE-



University of Fort Hare
Together in Excellence

HOVA, leyo abeyingcwalisile e-Yerusaleme.
15 Waza UYEHOVA, UTIXO woyise babo, wa-
tuma kubo ngesandhla sezitunywa zake, e-
vuka kusasa, e*zi*tuma: ngokuba ebenennce-
ba pezu kwabantu bake napezu kwekaya
lake: 16 kodwa babehleka izitunywa ZIKA-
TIXO, bawadela amazwi ake, nabaprofite
bake babagculela; nde wavuka umsindo
KAYEHOVA ngakubo abantu bake, kwada
akwabiko umciza.
17 Ngako wenyusela pezu kwabo uku-
mkani wama-Kaledine, owabulala amado-
dana abo ngerele endhlwini yeyingcwele
indawo yabo, engabanga nannceba pezu
kwomfana nentombi, *pezu* kwexego noyin-
gwevu: bonke wabanika esandhleni sake.
18 Nazo zonke impahla zendhlu KATIXO,
ezinkulu nezinncinane, nendyebo zendhlu
KAYEHOVA, nendyebo zokumkani, nezen-
kosi zake; ezi zonke wazizisa e-Babilone.
19 Baye betshisa indhlu KATIXO, bacita
nodonga lwe-Yerusaleme, nazo zonke in-
nqaba zayo bazitshisa ngomlilo, nazo zonke
izinto ezinqwenelekileyo zayo bazona-
kalisa. 20 Nabasindileyo ereleni waba-
fudusela e-Babilone; baza baba zizicaka
kuye nakonyana bake kwada kwakukupa-
twa kwobukumkani be-Peresiya: 21 kuze
kuzalisekiswe ilizwi LIKAYEHOVA ngomlo-
mo ka-Jeremiya, lada ilizwe lenzelela isa-
bata zalo: yonke imihla yokucitakala
kwalo libe linokupumla, ize izalisekiswe
iminyaka emashumi asixenxe.

22 KEKALOKU ngowokuqala umnyaka
ka-Koreshe ukumkani we-Peresiya, ukuze
kufezwe ilizwi LIKAYEHOVA ngomlomo ka-
Jeremiya, wawuvusa UYEHOVA ummoya
ka-Koreshe ukumkani we-Peresiya, ukuba
walidhlulisa ilizwi kubo bonke ubuku-
mkani bake, *esenje njalo* nangesibàlo ka-
njako, esiti: 23 Utsho u-Koreshe uku-
mkani we-Peresiya ukuti: Bonke ubuku-
mkani bomhlaba ndibunikiwe NGUYEHOVA,
UTIXO wezulu; kanjalo yena undiyalezele
ukumakela indhlu e-Yerusaleme, ekwa-
Juda. Ngubanina pakati kwenu *ovumayo*
kubo bonke abantu bake? UYEHOVA, UTIXO
wake, *makabe* naye, enyuke ke.

# INNCWADI

# KAEZERA.

### ISAHLUKO I.

KEKALOKU ngowokuqala umnyaka
ka-Koreshe ukumkani we-Peresiya,
ukuze kufezwe ilizwi LIKAYEHOVA ngomlo-
mo ka-Jeremiya, wawuvusa UYEHOVA um-
moya ka-Koreshe ukumkani we-Peresiya,
ukuba walidhlulisa ilizwi kubo bonke ubu-
kumkani bake, *esenje njalo* nangesibàlo ka-
njako, esiti: 2 Utsho u-Koreshe ukumkani
we-Peresiya ukuti: Bonke ubukumkani
bomhlaba ndibunikiwe NGUYEHOVA, UTIXO
wezulu; kanjalo yena undiyalezele ukum-
akela indhlu e-Yerusaleme, ekwa-Juda.
3 Ngubanina pakati kwenu *ovumayo* kubo
bonke abantu bake? UTIXO wake makabe
naye, enyuke aye e-Yerusaleme, ekwa-
Juda, ayake indhlu KAYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, (nguye lo UTIXO,) ese-Yerusaleme.
4 Nosukuba esele komnye umzi apo apa-
mbukele kona, makati amadoda omzi wake
amncede ngesilivere, nangegolide, nangem-
pahla, nangezilo, kunye nomnikelo wesisa
ngennxa yayo indhlu KATIXO ese-Yeru-
saleme.
5 Bandula besuka abazinkloko *zendhlu*
zoyise zo-Juda no-Benjamine, nabaperisite,
naba-Levi, kunye nabo bonke abevusile
UTIXO ummoya wabo, ukuba benyuke baye
ukuyaka indhlu KAYEHOVA ese-Yerusaleme.
6 Baza bonke ababangqongayo, bazomeleza
izandhla zabo ngezinto zesilivere, ngego-
lide, ngempahla, nangezilo, nangezinto
ezinqabileyo, ngapandhle kwako konke
obekunikwa ngesisa.
7 Kanjalo ukumkani u-Koreshe wazi-
kupa impahla zendhlu KAYEHOVA, ezo u-
Nebukanetsare ubezipumisile e-Yerusa-
leme, wazibeka endhlwini yotixo bake;



University of Fort Hare

8 kwa zona u-Koreshe ukumkani we-Pere-
siya wazikupa, ngapantsi kwesandhla sika-
Mitredati umgcinindyebo, owazibalela ku-
Sheshebatsare, inkosi yo-Juda. 9 Lilo eli
inani lazo: izitya zegolide ezimashumi
matatu, izitya zesilivere eziliwaka, izitshe-
tshe ezimashumi mabini anetoba, 10 ibekile
zegolide ezimashumi matatu, ibekile zesi-
livere *zohlobo* lumbi ezimakulu mane ane-
shumi linye, ezinnye impahla eziliwaka:
11 zonke impahla zegolide nezesilivere
zibe zingamawaka mahlanu anamakulu
mane. Ezi zonke u-Sheshebatsare wazi-
nyusa nabatinjwa abebenyuswa e-Babilone
ukuya e-Yerusaleme.

2 LULO olu usapo lwasezwaneni olwa-
nyukayo kubo abatinjwa abebefudusi-
we, abo u-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone ebebafudusele e-Babilone, lwa-
buya lweza e-Yerusaleme nakwa-Juda,
olunye ngolunye esixekweni sakowalo;
2 olwezayo no-Zerubabeli:

U-Yoshuwa, u-Nehemiya, u-Seraya, u-
Rehelaya, u-Modekai, u-Bilishane, u-Misi-
pare, u-Bigivai, u-Rehumi, u-Bahana.

Inani lamadoda abantu bakwa-Sira-
yeli: 3 Usapo luka-Paroshe, ngamawaka
mabini anekulu linye elinamashumi asixe-
nxe anesibini. 4 Usapo luka-Shefatiya,
ngamakulu matatu anamashumi asixenxe
anesibini. 5 Usapo luka-Arahi, ngamakulu
asixenxe anamashumi asixenxe anesihlanu.
6 Usapo luka-Pahati-mowabi, olwosapo
luka-Yoshuwa *no*-Jowabi, ngamawaka ma-
bini anamakulu asibozo aneshumi linesi-
bini. 7 Usapo luka-Helami, liwaka linye
elinamakulu mabini anamashumi mahlanu
anesine. 8 Usapo luka-Zatu, ngamakulu
alitoba anamashumi mane anesihlanu. 9
Usapo luka-Zakai, ngamakulu asixenxe
anamashumi matandatu. 10 Usapo luka-
Bani, ngamakulu matandatu anamashumi
mane anesibini. 11 Usapo luka-Bebai,
ngamakulu matandatu anamashumi mabini
anesitatu. 12 Usapo luka-Hazegadi, liwaka
linye elinamakulu mabini anamashumi ma-
bini anesibini. 13 Usapo luka-Adonikame,
ngamakulu matandatu anamashumi mata-
ndatu anesitandatu. 14 Usapo luka-Bigi-
vai, ngamawaka mabini anamashumi ma-
hlanu anesitandatu. 15 Usapo luka-Hadine,
ngamakulu mane anamashumi mahlanu
anesine. 16 Usapo luka-Atere, oluka-
Hezekiya, ngamashumi alitoba anesibozo.
17 Usapo luka-Betsai, ngamakulu matatu
anamashumi mabini anesitatu. 18 Usapo
luka-Yora, likulu linye elineshumi linesi-
bini. 19 Usapo luka-Hashumi, ngamakulu
mabini anamashumi mabini anesitatu. 20
Usapo lwase-Gibari, ngamashumi alitoba
anesihlanu. 21 Usapo lwase-Beteleheme,
likulu linye elinamashumi mabini anesita-
tu. 22 Amadoda ase-Netofati, ngamashumi
mahlanu anesitandatu. 23 Amadoda ase-
Hanatote, likulu linye elinamashumi mabi-
ni anesibozo. 24 Usapo lwase-Hazamaveti,
ngamashumi mane anesibini. 25 Usapo
lwase-Kiriyate-yarime, *ne*-Kefira, ne-
Berote, ngamakulu asixenxe anamashumi
mane anesitatu. 26 Usapo lwase-Rama
ne-Gaba, ngamakulu matandatu anamashu-
mi mabini anesinye. 27 Amadoda ase-
Mikimasi, likulu linye elinamashumi ma-
bini anesibini. 28 Amadoda ase-Betele
ne-Hahai, ngamakulu mabini anamashumi
mabini anesitatu. 29 Usapo lwase-Nebo,
ngamashumi mahlanu anesibini. 30 Usapo
lwase-Magebisha, likulu linye elinamashu-
mi mahlanu anesitandatu. 31 Usapo luka-
Helami wumbi, liwaka linye elinamakulu
mabini anamashumi mahlanu anesine. 32
Usapo luka-Harime, ngamakulu matandatu
anamashumi mabini. 33 Usapo lwase-Lodi,
*ne*-Hadidi, ne-Ono, ngamakulu asixenxe
anamashumi mabini anesihlanu. 34 Usapo
lwase-Jeriko, ngamakulu matatu anama-
shumi mane anesihlanu. 35 Usapo lwase-
Senaha, ngamawaka matatu anamakulu
matandatu anamashumi matatu.

36 Abaperisite: usapo luka-Yedaya,
olwendhlu ka-Yoshuwa, ngamakulu alitoba
anamashumi asixenxe anesitatu. 37 Usapo
luka-Yimeri, liwaka linye elinamashumi
mahlanu anesibini. 38 Usapo luka-Pashure,
liwaka linye elinamakulu mabini anama-
shumi mane anesixenxe. 39 Usapo luka-
Harime, liwaka linye elineshumi line-
sixenxe.

40 Aba-Levi: usapo luka-Yoshuwa no-
Kadimele, olwosapo luka-Hodaviya, nga-
mashumi asixenxe anesine.

41 Abaculi: usapo luka-Safa, likulu
linye elinamashumi mabini anesibozo.

42 Usapo lwabalindiimnyango: usapo
luka-Shalume, usapo luka-Atere, usapo
luka-Talimone, usapo luka-Hakube, usapo
luka-Hatita, usapo luka-Shobai: olu lwo-
nke, likulu linye elinamashumi matatu
anetoba.



University of Fort Hare
Together in Excellence

43 Aba-Netini: usapo luka-Tsiha, usapo
luka-Hasufa, usapo luka-Tabahoti, 44 usa-
po luka-Kerosi, usapo luka-Siha, usapo
luka-Padoni, 45 usapo luka-Lebana, usapo
luka-Hagaba, usapo luka-Hakube, 46 usa-
po luka-Hagabi, usapo luka-Shalemai, u-
sapo luka-Hanane, 47 usapo luka-Gidele,
usapo luka-Gahari, usapo luka-Rehaya, 48
usapo luka-Retsine, usapo luka-Nekoda,
usapo luka-Gazame, 49 usapo luka-Huza,
usapo luka-Paseha, usapo luka-Besai,
50 usapo luka-Asena, usapo luka-Mehuni-
me, usapo luka-Nefusime, 51 usapo luka-
Bakebuke, usapo luka-Hakufa, usapo luka-
Harehure, 52 usapo luka-Batseluti, usapo
luka-Mehida, usapo luka-Haresha, 53 usa-
po luka-Barekosi, usapo luka-Sisera, usapo
luka-Tama, 54 usapo luka-Netsiha, usapo
luka-Hatifa. 55 Usapo lwezicaka zika-
Solomone: usapo luka-Sotai, usapo luka-
Soferete, usapo luka-Peruda, 56 usapo
luka-Yahala, usapo luka-Darekone, usapo
luka-Gidele, 57 usapo luka-Shefatiya, usa-
po luka-Hatili, usapo luka-Pokerete-tseba-
yime, usapo luka-Ami. 58 Bonke aba-
Netini, nosapo lwezicaka zika-Solomone,
ngamakulu matatu anamashumi alitoba
anesibini.

59 Kanjalo aba ngabanyukayo e-Tele-
mela, *nase*-Tele-haresha: u-Kerube, u-
Adoni, u-Yimeri: kodwa bakohlwa kuxela
indhlu yoyise yabo, nesizalwane sabo,
ukuba bangabakwa-Sirayeli na. 60 Usapo
luka-Delaya, usapo luka-Tobiya, usapo
luka-Nekoda, ngamakulu matandatu ana-
mashumi mahlanu anesibini.

61 Nakulo usapo lwabaperisite: onyana
baka-Habaya, onyana baka-Kotse, onyana
baka-Barezilai, owazeka umfazi kwintombi
zika-Barezilai um-Gileyadi, wabizwa nge-
gama lazo: 62 aba bafuna ukubàlelwa
kwabo *pakati* kwababàlelweyo ngokuza-
lwa, kodwa abafunyanwa: ngako bashe-
nxiswa kubo ubuperisite njengabancolile-
yo. 63 Yayisiti kubo inkosi enkulu,
ukuba mabangatyi kwizinto ezingcwele
kakulu, kude kusuke umperisite ene-Urime
ne-Tumime.

64 Yonke inklanganiso kwa kunye
ibingamawaka amashumi mane enesibini
anamakulu matatu anamashumi matandatu,
65 ngapandhle kwezicaka zabo nezicaka-
kazi zabo, ezibe zingamawaka asixenxe
anamakulu matatu anamashumi matatu
anesixenxe: bebenabaculi nabaculikazi
abangamakulu mabini kanjako. 66 Ama-
hashe abo ebengamakulu asixenxe anama-
shumi matatu anesitandatu; amaqwarara
abo ebengamakulu mabini anamashumi
mane anesihlanu; 67 inkamela zabo bezi-
ngamakulu mane anamashumi matatu ane-
sihlanu; amaqwarashe *abo* ebengamawaka
matandatu anamakulu asixenxe anamashu-
mi mabini.

68 Bati abazinkloko *zendhlu* zoyise in-
nxennye, bakufika endhlwini KAYEHOVA
ese-Yerusaleme, banikela indhlu KATIXO
ngokuvuma, ukuba imiswe endaweni yayo:
69 banika ngamandhla abo endyetyeni
yomsebenzi, idarike zegolide zaliwaka
linye elinamashumi matandatu, nemina
zesilivere zamawaka mahlanu, nengubo
zabaperisite zalikulu linye.

70 Bada abaperisite, naba-Levi, nen-
nxennye yabantu, nabaculi, nabalindi-
mnyango, naba-Netini, bahlala ezixekweni
zakowabo; no-Sirayeli bonke ezixekweni
zabo.

3 KWATI kwakufika innyanga yesixe-
nxe, nxa usapo luka-Sirayeli belusezi-
xekweni, bandula abantu bazihlanganisela
e-Yerusaleme njengomntu 'mnye. 2 Waza
wesuka u-Yoshuwa unyana ka-Yotsadaki,
nabazalwana bake abaperisite, no-Zeruba-
beli unyana ka-Shalatiyeli, nabazalwana
bake, baye besaka isibingelo SOTIXO wo-
Sirayeli, kuze kunikelwe amadini okutshi-
swa pezu kwaso, njengokubàliweyo emte-
tweni ka-Mosesi indoda KATIXO.

3 Baza bamisa isibingelo pezu kwama-
sekelo aso; ngokuba ukwoyika bekupezu
kwabo ngennxa yabantu balomazwe: ba-
nikela pezu kwaso amadini okutshiswa
KUYEHOVA, amadini okutshiswa okusa na-
wokuhlwa. 4 Benza umtendeleko wama-
pempe kanjalo, njengokubàliweyo; nama-
dini okutshiswa emihla ngemihla ngenani,
njengalo isiko, into yemmini ngemmini
yayo; 5 nasemva kwoko, idini lokutshi-
swa elifuti, nelennyanga ezitwasileyo, ne-
layo yonke imitendeleko emisiweyo KAYE-
HOVA ebingcwalisiwe, nelabo bonke abani-
kela ngokuvuma KUYEHOVA umnikelo we-
sisa. 6 Kwa kuwo owokuqala umhla
wennyanga yesixenxe, baqala ukunikela
amadini okutshiswa KUYEHOVA. Kodwa
itempile KAYEHOVA ibingekasekwa. 7 Ka-
njako banika imali kwinncibi zamatye,
nakwinncibi zemiti; nokudhla, nento yo-



University of Fort Hare
Together in Excellence

kusela, neoli, kwabase-Tsidone, nakwabase-
Tire, ukuba basuse imiti yesedare e-Leba-
none bayise elwandhle lwase-Jopa, njengo-
kuvunyelwa kwabo ngu-Koreshe ukumkani
we-Peresiya.
8 Kekaloku ngowesibini umnyaka emva
kwokufika kwabo endhlwini KATIXO e-
Yerusaleme, ngennyanga yesibini, baqala
u-Zerubabeli unyana ka-Shalatiyeli, no-
Yoshuwa unyana ka-Yotsadaki, nesisalela
sabazalwana babo, abaperisite naba-Levi,
nabo bonke abebevele ekutinjweni ukuza
e-Yerusaleme; bamisela aba-Levi, abami-
nyaka yobudala imashumi mabini napezu-
lu, ukwongama umsebenzi wayo indhlu
KAYEHOVA. 9 Kwandula ukusuka u-Yoshu-
wa, onyana bake, nabazalwana bake, u-
Kadimele, nonyana bake, usapo luka-Juda,
kwa kunye, ukuba bongame abawenzayo
umsebenzi endhlwini KATIXO: onyana
baka-Henadade, onyana babo, nabazalwana
babo, aba-Levi.
10 Kwati kwakusekwa itempile KAYE-
HOVA ngabaki, bamisa abaperisite, bevati-
siwe, benamaxilongo, naba-Levi, onyana
baka-Safa, benesimbali, ukuba bamdumise
UYEHOVA, ngesimiselo sika-Davide uku-
mkani wo-Sirayeli. 11 Baza bahlabelelana
ekumdumiseni nasekumbuleleni UYEHOVA,
*besiti:* Ngokuba elungile; ngokuba ububele
bake bungunapakade pezu kwo-Sirayeli.
Bati abantu bonke bamemeza ngesimemezo
esikulu, ekumdumiseni UYEHOVA, ngennxa
yokusekwa kwayo indhlu KAYEHOVA. 12
Kodwa abaninzi kubo abaperisite, naba-
Levi, nabazinkloko *zendhlu* zoyise, abo
badala, abebebonile indhlu yokuqala, kwa-
kusekwa le indhlu pambi kwamehlo abo,
balila ngelizwi elikulu; kanjalo abaninzi
bapakamisa ilizwi ngokumemeza ngovuyo:
13 ukuba abantu bebengenakuqiqa ilizwi
lesimemezo sovuyo, ngennxa yelizwi loku-
lila kwabantu: ngokuba abantu bamemeza
ngesimemezo esikulu, yada inklokoma ya-
vakala kwa kude.

4 ZATI zakuva intshaba zo-Juda no-
Benjamine, ukuba usapo lwasekutinjwe-
ni belusakela UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
itempile, 2 zandula zasondela ku-Zeruba-
beli, nakwabazinkloko *zendhlu* zoyise, zati
kubo: Masake kunye nani; ngokuba sifu-
na UTIXO wenu, njengani; sasibingele yena
kuselokwemihla ka-Esare-hadoni ukumka-
ni we-Asiriya, owasinyusela apa. 3 Kodwa
u-Zerubabeli, no-Yoshuwa, nabanye aba-
zinkloko *zendhlu* zoyise zo-Sirayeli, bati
kuzo: Aninto kuti nina ukuba niyake
indhlu KUTIXO wetu; sesiya kwakela UYE-
HOVA, UTIXO wo-Sirayeli, tina sodwa, nje-
ngokuba esiyalele ukumkani u-Koreshe,
ukumkani we-Peresiya.
4 Bandula abantu belozwe banqenisa
izandhla zabantu bakwa-Juda, babaxaka
ekwakeni, 5 baqesha ngakubo abacebisi,
ukuba batshitshise iqinga labo, yonke imi-
hla ka-Koreshe ukumkani we-Peresiya,
kwada kwabako ububukumkani buka-Dari-
yusi ukumkani we-Peresiya. 6 Nase-
bukumkanini buka-Hasheveroshe, eku-
qaleni kwobukumkani bake, babàla isi-
bàlo sokunceteza ngabemi bakwa-Juda
nabase-Yerusaleme. 7 Nasemihleni ka-
Aretashasheta kwabàla u-Bishilame, u-
Mitredati, u-Tabele, nabanye abalingane
babo, kuye u-Aretashasheta ukumkani
we-Peresiya; nokubàlwa kwencwadi, ya-
bàlwa ngesi-Siriya, yakunyushwa ngesi-
Siriya kanjalo. 8 U-Rehumi igosa lama-
pakati, no-Shimshai umbàli, babàla in-
ncwadi yokumangala i-Yerusaleme, ku-
Aretashasheta ukumkani, ngokunje: 9
U-Rehumi igosa lamapakati, no-Shimshai
umbàli, nabanye abalingane babo, ama-
Dine, ama-Afaresateki, ama-Tarapele, ama-
Afaresa, ama-Ereki, ama-Babilone, ama-
Shushane, ama-Dehavi, ama-Helami, 10
nezinnye inklanga owazifudusayo u-Ase-
napare omkulu odumileyo, wazihlalisa ezi-
xekweni zase-Samariya, nabanye bangane-
no kwomlambo,—nokunjalo.
11 Isibàlo sencwadi bayituma kuye,
ku-Aretashasheta ukumkani, siso esi *so-
kuti:* Izicaka zako, amadoda anganeno
kwomlambo,—nokunjalo. 12 Makwazeke
kukumkani, okokuba ama-Juda abenyuke
kuwe ukuza kuti afikile e-Yerusaleme;
isixeko esivukelayo esikohlakeleyo ayasa-
ka, indonga azifezile, namasekwa awahla-
nganisile. 13 Makwazeke kaloku kuku-
mkani, ukuba, nxa esisixeko siya kwakiwa,
na*nxa* indonga ziya kufezwa, akasayi kuni-
ka umnikelo, *no*kuqòla, nesitabataba, woti
wena ude ubenzele okumkani ukwonakala.
14 Kaloku ngennxa yokuba sidhlile ityu-
wa yendhlu yokumkani, nokuba kungafa-
nelekile kuti ukubona ukubohliswa kwoku-
mkani, ngako oko situmile sazisa ukumka-
ni, 15 ukuze kufunwe encwadini yezi-
kumbuzelo zoyihlo bako: uya kwandul'



University of Fort Hare
Together in Excellence

ukufumana kulonncwadi yezikumbuzelo,
wazi, ukuba esisixeko sisixeko esivukelayo,
esenzela okumkani namazwana ukwonakala,
nokuba kwenziwe imvukelo pakati kwaso
kwa kudala: kukona ke kwacitakaliswa esi-
sixeko. 16 Siyamazisa ukumkani tina, uku-
ba, nxa esisixeko *siya kubuya* sakiwe, *nanxa*
indonga zaso ziya kufezwa, wosel' uti nge-
lituba ke ungabi nandawo ngelicala lom-
lambo.
17 *Wandula* ukumkani watuma impe-
ndulo kuye u-Rehumi igosa lamapakati,
no-Shimshai umbàli, nabanye abalingane
babo abahlalayo e-Samariya, nabanye ba-
ngapesheya kwomlambo, *esiti:* Uxolo,—
nokunjalo. 18 Leyonncwadi nayitumayo
kuti ibileseshwa pambi kwami ekuhleni.
19 Ndaza ndakupa umteto, kwafunwa ke,
kwafunyanwa ukuba esisixeko kwa kudala
sizipakamisile ngakubo okumkani, nokuba
kwenziwe impambuko nemvukelo pakati
kwaso. 20 Kanjalo kwabekuko okumkani
abanamandhla pezu kwayo i-Yerusaleme,
abapata ubukosi pezu kwawo onke *amazwe*
pesheya kwomlambo; kwaye kunikelwa
kubo umnikelo, *n*okuqòla, nesitabataba. 21
Kupani kaloku umteto wokuyekisa lama-
doda, ukuba esisixeko singakiwa, lide ilizwi
linikwe ndlimi. 22 Lumkani ke ukuba
ningalibali ukukwenza oku: kunganina
ukuba sikule isenzakalo ukwenzela oku-
mkani ukwonakala?
23 Kwati kwakuba kuleseshiwe isibàlo
sennewadi yokumkani u-Aretashasheta
pambi kwo-Rehumi, no-Shimshai umbàli,
nabalingane babo, basuka baya ngobu-
nxamo e-Yerusaleme kuma-Juda, bawaye-
kisa ngonyanzelo nangamandhla. 24 Kwa-
ndul' ukupela umsebenzi wendhlu KATIXO
ese-Yerusaleme: kwapela kwada kwakuwo
owesibini umnyaka wobukumkani bake u-
Dariyusi ukumkani we-Peresiya.

5 BAZA abaprofite, u-Hagai umprofite,
no-Zekariya unyana ka-Hido, baprofite-
sha kuma-Juda abekwa-Juda nase-Yeru-
saleme, egameni LOTIXO wo-Sirayeli, kwa
kuwo wona. 2 Oko kwesuka u-Zerubabeli
unyana ka-Shalatiyeli, no-Yoshuwa unyana
ka-Yotsadaki, baqala ukuyaka indhlu KA-
TIXO ese-Yerusaleme: kwabako nabo aba-
profite BAKATIXO bebanceda.
3 Ngeloxesha kweza kubo u-Tatenai,
inkosi yelicala lomlambo, no-Shetari-boze-
nai, nabalingane babo, batsho kubo ukuti:
Ninikwe umteto ngubanina ukwaka indhlu
le nokufeza oludonga? 4 Sandula saba-
xelela ngokunjalo, angobanina amagama
awo amadoda asakayo esisakiwo. 5 Kodwa
iliso LOTIXO wabo libe lipezu kwabadala
bama-Juda, ukuba ababayekisa, kwada
kwaya umcimbi lowo ku-Dariyusi: bati
oko bapendula ngennewadi ngale*ndawo*.
6 Isibàlo sennewadi, leyo u-Tatenai,
inkosi yelicala lomlambo, no-Shetari-
bozenai, nabalingane bake, ama-Afareseki,
abanganeno kwomlambo, bayituma ku-
Dariyusi ukumkani: 7 batuma innewadi
kuye, ekwabàlwa kuyo ngokuti:
Ku-Dariyusi ukumkani, malubeko uxolo
lwonke. 8 Makwazeke kukumkani, ukuba
saya ezwaneni le-Judeya, endhlwini yake
UTIXO omkulu, eyakiwa ngamatye amakulu,
esel' ifakiwe nemiti ezindongeni; kanjalo
lomsebenzi uyenzwa ngokunxama, uhambi-
seka ezandhleni zabo. 9 Sandula sabuza
abadala abo, satsho kubo ukuti: Ninikwe
umteto ngubanina ukwaka indhlu le, no-
kufeza ezindonga? 10 Sababuza nama-
gama abo, ukuba sikwazise wena; ukuba
siwabàle amagama amadoda azinkloko zabo.
11 Benje nje ukusipendula kwabo, besiti:
Sizizicaka zake UTIXO wezulu nomhlaba,
siyayaka leyondhlu ibe yakiwe kuse kuyi-
minyaka mininzi, owati ukumkani omkulu
wo-Sirayeli wayaka wayifeza. 12 Kulo-
ko emvenikweni obawo betu bebemqumbi-
sile UTIXO wezulu, wabanikela esandhleni
sika-Nebukanetsare ukumkani we-Babilo-
ne, um-Kaledine, owacita leyondhlu, na-
bantu wabafudusela e-Babilone. 13 Kodwa
ngowokuqala umnyaka ka-Koreshe uku-
mkani we-Babilone, wanika umteto uku-
mkani u-Koreshe, ukuba makwakiwe le-
ndhlu KATIXO. 14 Kanjalo impahla zendhlu
KATIXO, ezegolide nezesilivere, ezo u-Nebu-
kanetsare wazikupa etempileni ebise-Yeru-
saleme, wazizisa etempileni ese-Babilone,
kwa zona u-Koreshe ukumkani wazikupa
etempileni ese-Babilone, zaza zanikelwa
kogama lingu-Sheshebatsare, lowo abemmi-
sile inkosi; 15 wayesiti kuye: Tabata ezi-
'mpahla, uye uzise etempileni ese-Yerusa-
leme; nendhlu KATIXO mayakiwe endaweni
yayo. 16 Wandula wafika u-Sheshebatsare
lowo, wabeka amasekwa ayo indhlu KATIXO
ese-Yerusaleme: ibisakiwa kuselokweloxe-
sha kwada kwakaloku, kanti ayikagqitywa-
nga. 17 Ngako oko, ukuba kunga kulungile
kukumkani, makufunwe endhlwini yen-



University of Fort Hare

dyebo yokumkani, ese-Babilone apo, uku-
ba kunjalo na okokuba kwanikwa umte-
to ngu-Koreshe ukumkani, wokuba ma-
kwakiwe lendhlu KATIXO e-Yerusaleme:
nentando yokumkani makayitume kuti
ngale*ndawo*.

6 Wandula u-Dariyusi wanika umteto,
kwafunwa ke endhlwini yenncwadi,
apo kwabekelwa kona indyebo e-Babilone.
2 Kwaza kwafunyanwa e-Akemeta, ennqa-
tyeni esezwaneni le-Medi, umqulu, okwa-
bàlwa kuwo isikumbuzelo sokuti:
3 Ngowokuqala umnyaka ka-Koreshe
ukumkani, wanika umteto u-Koreshe uku-
mkani *ngayo* indhlu KATIXO e-Yerusaleme,
*wokuti:* Makwakiwe londhlu, indawo apo
kwabingwayo imibingo, namasekwa ayo
makamiswe: *maibe* zikubite ezimashumi
matandatu ubude bayo, *n*ekubite ezima-
shumi matandatu ububanzi bayo; 4 *makube*
zinrozo ezintatu zamatye amakulu, norozo
lunye lwemiti emitsha: nenani iya kume-
lwa lilo malinikwe livela endhlwini yoku-
mkani: 5 kanjalo nempahla zendhlu KA-
TIXO, ezegolide nezesilivere, ezo u-Nebuka-
netsare wazikupa etempileni ebise-Yerusa-
leme, wazizisa e-Babilone, mazibuyiswe,
ziye etempileni ese-Yerusaleme, ezinda-
weni zazo ngazinnye, zibekelwe endhlwini
KATIXO.
6 Kaloku, Tatenai, inkosi yapesheya
kwomlambo, Shetari-bozenai, nabalingane
benu, ama-Afareseki, abapesheya kwomla-
mbo, yibani kude nalapo! 7 niyeke um-
sebenzi walendhlu KATIXO: inkosi yama-
Juda nabadala bama-Juda mabayake le-
ndhlu KATIXO endaweni yayo. 8 Kanjako
ndiwenzile umteto ngoko eniya kukwenza
kubo abadala balama-Juda, kuze kwakiwe
lendhlu KATIXO; ukuba makuhle kunikwe
kulamadoda inani iya kumelwa lilo, kwim-
pahla yokumkani, eyomnikelo wapesheya
kwomlambo, ukuze angatintelwa: 9 noko
okufunekayo, kwainkunzana zenkomo, nen-
kunzi zegusha, nemvana, zibe zezamadini
okutshiswa KUTIXO wezulu, innqolowa,
ityuwa, iveyine, neoli, ngengxelo yabape-
risite abase-Yerusaleme, makunikwe kuwo
immini ngemmini kungenakulityalwa: 10
ukuze anikele amavumba amnandi kuye
UTIXO wezulu, atandazele ubomi bokumka-
ni, nobonyana bake. 11 Kanjalo ndiwe-
nzile umteto, wokuba umntu osukuba eya
kuliguqula elilizwi, maunyotulwe umti
endhlwini yake, umiswe ke, ati yena axò-
nywe pezu kwawo; nendhlu yake maye-
nzwe imfumba yenkunkuma ngennxa
yoku. 12 Wanga UTIXO lowo ulenzileyo
igama lake lihlale kona, angawisa pantsi
bonke okumkani nabantu abaya kwolulela
izandhla zabo ukuyiguqula *n*okuyicita len-
dhlu KATIXO ese-Yerusaleme. Mina, 'Dari-
yusi, ndikupile umteto; makwenziwe nga-
wo ngokunxama ke.
13 Oko u-Tatenai, inkosi yelicala lomla-
mbo, *no*-Shetari-bozenai, nabalingane babo,
kwa njengoko u-Dariyusi abetumile ngako,
benje njalo ngokunxama.
14 Baza baka abadala bama-Juda, baha-
mbiseka, ngokuprofitesha kuka-Hagai um-
profite no-Zekariya unyana ka-Hido. Baka
ke, bafeza, ngomteto KATIXO wo-Sirayeli,
nangomteto ka-Koreshe, noka-Dariyusi,
noka-Aretashasheta ukumkani we-Pere-
siya. 15 Yada yagqitywa indhlu le ngo-
wesitatu umhla wennyanga yo-Adari; obu-
ngowesitatu umnyaka wona wobukumkani
bake u-Dariyusi ukumkani.
16 Lwaza usapo luka-Sirayeli, abaperi-
site, naba-Levi, nabanye abalusapo lwase-
kutinjweni, lwenza ukutwasiswa kwale-
ndhlu KATIXO ngovuyo, 17 lwanikela eku-
twasisweni kwalendhlu KATIXO inkomo
ezilikulu linye, inkunzi zegusha ezima-
kulu mabini, imvana ezimakulu mane;
nenkunzi zebokwe, zibe lidini lesono
ngennxa yo-Sirayeli bonke, ezilishumi li-
nambini, ngenani lezizwe zo-Sirayeli. 18
Lwaza lwamisa abaperisite ngezahlukaniso
zabo, naba-Levi ngezahlulo zabo, pezu
kwenkonzo KATIXO, ese-Yerusaleme; nje-
ngokubàliweyo enncwadini ka-Mosesi.
19 Kanjalo usapo lwasekutinjweni lwa-
bamba ipasika, ngoweshumi linesine *umhla*
wennyanga yokuqala. 20 Ngokuba aba-
perisite naba-Levi bebezicokisile kwa ku-
nye, bonke bebecocekile, baxèla ipasika
ngennxa yalo lwonke usapo lwasekuti-
njweni, nangennxa yabazalwana balo aba-
perisite nangennxa yabo bona. 21 Lwaza
lwatya usapo luka-Sirayeli olube lubuyile
ekutinjweni, nabo bonke abebezahlulele
kulo ekuncoleni kwabaheyideni belozwe,
ukuba bamfune UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
22 lwabamba umtendeleko wezonka ezi-
ngenagwele imihla esixenxe ngovuyo:
ngokuba UYEHOVA ebeluvuyisile, wayisonga
inkliziyo yokumkani we-Asiriya ngakulo,
kuze kwomelezwe izandhla zalo emsebe-
nzini wendhlu KATIXO, UTIXO wo-Sirayeli.



University of Fort Hare
Together in Excellence

7 EMVENI kwezizinto, ebukumkanini
buka-Aretashasheta ukumkani we-Pere-
siya, u-Ezera, unyana ka-Seraya, unyana
ka-Hazariya, unyana ka-Hilikiya, 2 unyana
ka-Shalume, unyana ka-Tsadoki, unyana ka-
Ahitube, 3 unyana ka-Amariya, unyana ka-
Hazariya, unyana ka-Merayoti, 4 unyana ka-
Zerahiya, unyana ka-Huzi, unyana ka-Buki,
5 unyana ka-Abishuha, unyana ka-Fine-
hasi, unyana ka-Elezari, unyana ka-Arone
umperisite omkulu: 6 u-Ezera lo wenyuka
e-Babilone; waye yena engumbàli okute-
leyo emtetweni ka-Mosesi, lowo wawuni-
kayo UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli: wati
ukumkani wampa sonke isikungo sake, nje-
ngokuba isandhla SIKAYEHOVA, UTIXO wake,
sibe sipezu kwake. 7 Kwenyuka *naye
inuxennye* kulo usapo luka-Sirayeli, nakubo
abaperisite, naba-Levi, nabaculi, nabali-
ndimnyango, naba-Netini, ukuya e-Yeru-
saleme, ngowesixenxe umnyaka ka-Areta-
shasheta ukumkani. 8 Wafika e-Yerusa-
leme ngennyanga yesihlanu; ubungowesi-
xenxe umnyaka wokumkani wona. 9
Ngokuba ngowesinye *umhla* wennyanga
yokuqala, bekuqalwa ukunyuka e-Babilone,
nangowesinye *umhla* wennyanga yesihlanu,
wafika e-Yerusaleme, njengokuba isandhla
esilungileyo SOTIXO wake sibe sipezu kwa-
ke. 10 Ngokuba u-Ezera ebebekisile
inkliziyo yake ukufuna umteto KAYEHOVA,
nokuwenza, nokufundisa izimiselo nezi-
gwebo kwa-Sirayeli.

11 Siso esi isibàlo sennewadi owati uku-
mkani u-Aretashasheta wayinika ku-Ezera
umperisite, umbàli; umbàli wamazwi emi-
yalelo KAYEHOVA, nowezimiselo zake ko-
Sirayeli:

12 U-Aretashasheta, 'kumkani kaku-
mkani, kuye u-Ezera umperisite, umbàli
womteto KATIXO wezulu, ofezekileyo ngo-
kwazi,—nokunjalo. 13 Ndiyenza umteto,
wokuba bonke abavumayo ebukumkanini
bami, kubo abantu bakwa-Sirayeli, nabape-
risite babo, naba-Levi, ukuya e-Yerusaleme,
bahambe nawe. 14 Ngokokuba ususiwe
ebusweni bokumkani namapakati ake asi-
xenxe, ukuya kubuza ngo-Juda nange-
Yerusaleme, ngawo umteto KATIXO wako
osesandhleni sako; 15 nokuyisa isilivere
negolide, leyo ukumkani namapakati ake
bayinikile ngokuvuma kuye UTIXO wo-
Sirayeli, ondawo yokuhlala ise-Yerusaleme,
16 nayo yonke isilivere negolide ongayi-
fumanayo kulo lonke izwana le-Babilone,
kunye nomnikelo wesisa wabantu, nowa-
baperisite, abanikayo ngokuvuma ngennxa
yendhlu KATIXO wabo, ese-Yerusaleme; 17
ukuze uhle utenge ngalemali, inkomo,
*n*enkunzi zegusha, *n*emvana, neminikelo
yokudhla yazo, neminikelo yokusela yazo,
uzinikele pezu kwaso isibingelo sendhlu
KATIXO wenu, ese-Yerusaleme. 18 Noko
okunga kulungile kuwe, nakubo abaza-
lwana bako, ukwenza ngesisalela sesilivere
negolide, nikwenze njengentando KATIXO
wenu. 19 Nempahla uzinikiweyo ngen-
nxa yenkonzo yendhlu KATIXO wako, zibu-
yisele pambi kwake UTIXO we-Yerusaleme.
20 Nokukumbi ikusweleyo indhlu KATIXO
wako, okuya kuwa kuwe ukukunika, kupa
*kona* endhlwini yendyebo yokumkani. 21
Nami, mina 'Aretashasheta ukumkani, ndi-
yanika umteto kubo bonke abagcinindyebo
abapesheya kwomlambo, wokuba konke
okuya kubizwa kuni ngu-Ezera umperi-
site, umbàli womteto wake UTIXO wezulu,
makwenziwe kona kamsinyane, 22 kude
kube likulu letalente zesilivere, nekulu
lekore zennqolowa, nekulu lebate zeveyine,
nekulu lebate zeoli, netyuwa ingenakuba-
liswa. 23 Konke okuxelwayo NGUTIXO
wezulu, makwenzelwe indhlu KATIXO we-
zulu ngokukutala: ngokuba kunganina
ukuba kubeko umsindo ngakubo ubuku-
mkani bokumkani nonyana bake? 24 Ka-
njalo siyanazisa nina, ukuba, bonke abape-
risite naba-Levi, abaculi, abalindimnya-
ngo, aba-Netini, nabakonzi balendhlu KA-
TIXO, akuvunyelwa ukubeka pezu kwabo
umnikelo, *n*okuqòla, nesitabataba. 25 Na-
we, Ezera! ngobulumko BOTIXO wako, obu-
sesandhleni sako, misa amagosa nabagwebi,
abangagwebayo bonke abantu abapesheya
kwomlambo, bonke abayaziyo imiteto KA-
TIXO wako; nabo bangayaziyo nibafundise.
26 Nosukuba engayi kwenza ngomteto KA-
TIXO wako, nangomteto wokumkani, make-
nzelwe ukugwetywa kamsinyane, nokuba
kukokwokufa, nokuba kukokwokugxotwa,
nokuba kukokwokuhlauliswa impahla, no-
kuba kukokwemibambo.

27 Makabongwe UYEHOVA, UTIXO wobawo
betu, oyibekileyo into enje enkliziyweni
yokumkani, yokuba ayihombise indhlu KA-
YEHOVA ese-Yerusaleme: 28 notobeleyo
pezu kwami ububele pambi kwokumkani
namapakati ake, napambi kwazo zonke
inkosi zokumkani ezinamandhla! Ndaza
ndazomeleza, njengokuba isandhla SIKAYE-



University of Fort Hare

HOVA, UTIXO wami, sibe sipezu kwami, nda-
hlanganisa abazinkloko ko-Sirayeli, ukuba
benyuke nami.
8 Ngaba aba abazinkloko *zendhlu* zoyise
zabo, nokubàlelwa kwabo ngokuzalwa,
abanyukayo nami e-Babilone, ebukumka-
nini buka-Aretashasheta ukumkani. 2
Kubo onyana baka-Finehasi; u-Gereshome:
kubo onyana baka-Yitamare; u-Danyeli:
kubo onyana baka-Davide; u-Hatushe:
3 kubo onyana baka-Shekaniya, kubo
onyana baka-Paroshe; u-Zekariya: naku-
nye naye amadoda abàlelweyo ngokuzalwa
alikulu linamashumi mahlanu. 4 Kubo
onyana baka-Pahati-mowabi; u-Eliwenai
unyana ka-Zerahiya: nakunye naye ama-
doda angamakulu mabini. 5 Kubo onyana
baka-Shekaniya; unyana ka-Yahaziyeli:
nakunye naye amadoda angamakulu ma-
tatu. 6 Nakubo onyana baka-Hadine;
u-Hebedi unyana ka-Jonatane: nakunye
naye amadoda angamashumi mahlanu. 7
Nakubo onyana baka-Helami; u-Yesaya
unyana ka-Hataliya: nakunye naye ama-
doda angamashumi asixenxe. 8 Nakubo
onyana baka-Shefatiya; u-Zebadiya unyana
ka-Mikaheli: nakunye naye amadoda anga-
mashumi asibozo. 9 Kubo onyana baka-
Jowabi; u-Hobadiya unyana ka-Yehili: na-
kunye naye amadoda angamakulu mabini
aneshumi linesibozo. 10 Nakubo onyana
baka-Shelomiti; unyana ka-Yosifiya: na-
kunye naye amadoda alikulu linamashumi
matandatu. 11 Nakubo onyana baka-Bebai;
u-Zekariya unyana ka-Bebai: nakunye
naye amadoda angamashumi mabini anesi-
bozo. 12 Nakubo onyana baka-Hazegadi;
u-Johanane unyana ka-Hakatane: naku-
nye naye amadoda alikulu lineshumi. 13
Nakubo abokupela onyana baka-Adonika-
me, abamagama angala: u-Elifelete, u-
Yeyeli, no-Shemaya: nakunye nabo ama-
doda angamashumi matandatu. 14 Nakubo
onyana baka-Bigivai; u-Hutai no-Zabude:
nakunye nabo amadoda angamashumi asi-
xenxe.

15 Ndaza ndabahlanganisela emlanjeni
oya e-Ahava; sazimisa intente kona imihla
yamitatu: ndaza ndabona abantu, nabape-
risite, kodwa andafumana kona namnye
konyana baka-Levi. 16 Ndandula ndatu-
mela u-Eliyezeri, *no*-Ariyeli, *no*-Shemaya,
no-Elinatane, no-Yaribe, no-Elinatane, no-
Natane, no-Zekariya, no-Meshulame, aba-
zinkloko; no-Yoyaribe, no-Elinatane, aba-
zingqondi. 17 Ndabayalezela ku-Hido,
oyinkloko endaweni eyi-Kasifiya; ndabeka
amazwi emilonyweni yabo, ukuba batete
ku-Hido, *nakubo* abazalwana bake aba-
Netini, endaweni eyi-Kasifiya, ukuba ba-
zise kuti abakonzi ngenxa yendhlu KATIXO
wetu. 18 Bada bazisa kuti, njengokuba
isandhla esilungileyo SOTIXO wetu sibe si-
pezu kwetu, indoda eqondayo, eyakubo
onyana baka-Mahali, unyana ka-Levi, u-
nyana ka-Sirayeli; no-Sherebiya, nonyana
bake, nabazalwana bake, ishumi elinesi-
bozo; 19 no-Hashabiya, nakunye naye
u-Yesaya, owakubo onyana baka-Merari,
*n*abazalwana bake, nonyana babo, amashu-
mi mabini; 20 nabakubo aba-Netini, abo
u-Davide nenkosi babanika ukukonza aba-
Levi, aba-Netini abangamakulu mabini
anamashumi mabini: bona bonke babalu-
lwa ngamagama.

21 Ndaza ndashumayela inzilo apo, emla-
njeni we-Ahava, ukuba sizibandezele ebu-
sweni BOTIXO wetu, sifune kuye indhlela
elungele tina, nentsapo zetu, nayo yonke
impahla yetu. 22 Ngokuba bendidanele
ukucela kukumkani umkosi nabakweli
bamahashe, ukuya kusinceda ngakuzo in-
tshaba endhleleni; ngokokuba sibe sitshilo
kuye ukumkani, sisiti: Isandhla SOTIXO
wetu sipezu kwabo bonke abamfunayo
kube kokulungileyo; kodwa amandhla ake
nomsindo wake upezu kwabo bonke abam-
shiyayo. 23 Kwa njalo sazila ukutya,
sabuza KUTIXO wetu ngenxa yoku; waye-
kungeleka kuti.

24 Ndaza ndahlula ezinkosini zabaperi-
site ishumi elinababini, kwa u-Sherebiya,
*no*-Hashabiya, neshumi labazalwana babo
kunye nabo, 25 ndalinganisela kubo isili-
vere, negolide, nempahla, umnikelo wen-
dhlu KATIXO wetu, lowo ukumkani, nama-
pakati ake, nenkosi zake, nabo bonke o-
Sirayeli abebeko, bawunikelayo: 26 nda-
linganisela ke esandhleni sabo italente
zesilivere ezimakulu matandatu anama-
shumi mahlanu, nempahla zesilivere ezili-
kulu letalente, nekulu letalente zegolide;
27 nebekile zegolide ezimashumi mabini,
ziliwaka ledarike; nempahla zobedu olu-
kazimlayo oluhle ezimbini, zinqwenelekile
njengegolide. 28 Ndandisiti kubo: Nina
niyingcwele KUYEHOVA; impahla ziyin-
gcwele nazo; kanjalo isilivere negolide
zingumnikelo wesisa KUYEHOVA, UTIXO wo-
yihlo benu: 29 lindani, nizigcine, nide



University of Fort Hare
Together in Excellence

nizilinganise pambi kwenkosi zabaperisite,
naba-Levi, nenkosi *zendhlu* zoyise zo-Sira-
yeli, e-Yerusaleme, ezinkambilini zendhlu
KAYEHOVA. 30 Bandula abaperisite naba-
Levi batabata ukulinganiswa kwesilivere,
negolide, nempahla, ukuba kuziswe e-Yeru-
saleme, endhlwini KATIXO wetu.

31 Saza sanduluka emlanjeni we-Ahava
ngoweshumi linesibini *umhla* wennyanga
yokuqala, ukuya e-Yerusaleme: sati isa-
ndhla SOTIXO wetu sapezu kwetu, wasisi-
ndisa esandhleni sentshaba, nakwesabo
ba*si*lalelayo endhleleni. 32 Sada safika
e-Yerusaleme, sahlala kona imihla yami-
tatu. 33 Nangowesine umhla, kwalinga-
niswa isilivere, negolide, nempahla, en-
dhlwini KATIXO wetu, ngapantsi kwesa-
ndhla sika-Meremote unyana ka-Huriya
umperisite, ekunye naye u-Elezari unyana
ka-Finehasi; kwaye kuko nabo u-Yozabadi
unyana ka-Yoshuwa, no-Nohadiya unyana
ka-Binuwi, aba-Levi; 34 ngenani *na*ngo-
kuba nzima kwezi*zinto* zonke: kwabàlwa
konke ukulinganiswa *kwazo* ngeloxesha.

35 Lwati usapo lwasekutinjweni, olo
olube luvele ekutinjweni, lwanikela kuye
UTIXO wo-Sirayeli amadini okutshiswa,
inkatyana ezilishumi linambini ngennxa
yo-Sirayeli bonke, *n*enkunzi zegusha ezi-
mashumi alitoba anantandatu, nemvana
ezimashumi asixenxe anesixenxe, *n*enkunzi
zebokwe zedini lesono ezilishumi linambi-
ni: ezi zonke zalidini lokutshiswa KUYE-
HOVA. 36 Lwaza lwanika imiteto yoku-
mkani kuzo inkosi ezinkulu zokumkani,
nakuzo inkosi zelicala lomlambo: zati zona
zanceda abantu, nendhlu KATIXO.

9 KEKALOKU kwakugqitywa ezizinto,
zasondela kumi inkosi, zisiti: Abantu
bakwa-Sirayeli, nabaperisite, naba-Levi,
abazahlulanga kubo abantu balamazwe;
*bayenza* ngazo izinto ezibuntshontsho zabo,
ezaba-Kanane, ama-Hete, ama-Perizi, ama-
Yebusi, aba-Hamoni, ama-Mowabi, ama-
Jipete, naba-Amori. 2 Ngokuba bezekele
bona nonyana babo *abafazi* kwintombi
zabo: kukona inzalo eyingcwele idibani-
sene nabantu balamazwe: kanjalo isandhla
senkosi namagosa sisesokuqala kobubume-
nemene. 3 Ndati ndakuva lendawo, nda-
razula isivato sami nengubo yami, ndanco-
tula inwele zenkloko yami nezodevu
lwami, ndahlala pantsi ndinokuti nqa. 4
Kwandul' ukubutela kumi bonke abano-
kungcangcazela ngamazwi KATIXO wo-Sira-
yeli, ngennxa yobumenemene babatinjwa:
ndahlala pantsi ndinokuti nqa kwada kwa-
*lixesha* lomnikelo wokuhlwa.

5 Kekaloku nge*xesha* lomnikelo woku-
hlwa ndesuka ekuzibandezeleni kwami;
ndati, nxa ndirazule isivato sami nengubo
yami, ndaguqa ngamadolo ami, ndatwabu-
lula izandhla zami ngakuye UYEHOVA, UTIXO
wami, 6 ndati:

TIXO wami! ndinenkloni ndidanile uku-
ba ndipakamisele kuwe ubuso bami, TIXO
wami! ngokuba inkohlakalo zetu zandele
pezulu kwenkloko *zetu*, netyala letu liku-
lele emazulwini. 7 Kuselokwemihla yo-
bawo betu besisetyaleni elikulu kwada
kwanamhla nje; nangennxa yenkohlakalo
zetu sasinikelwa tina, *n*okumkani betu,
*n*abaperisite betu, esandhleni sokumkani
bamazwe, esireleni, nasekutinjweni, na-
sekupangweni, nasekudaneni kwobuso,
njengokuba *kunjalo* namhla nje. 8 Ko-
dwa kaloku ngexanyana elincinanana u-
fefe luvele KUYEHOVA, UTIXO wetu, ukuba
sishiyelwe abasindileyo, nokuba sinikwe
isikonkwane endaweni yake eyingcwele,
ukuze UTIXO wetu akanyise amehlo etu,
asinike impiliso encinane ebukonzini
betu. 9 Ngokuba singabakonzi tina;
kodwa ebukonzini betu UTIXO wetu aka-
sishiyanga; utobele pezu kwetu ubu-
bele ebusweni bokumkani be-Peresiya,
ukuba asinike impiliso, siyipakamise in-
dhlu KATIXO wetu, sizimise ingcitakalo
zayo, nokuba asinike utango kwa-Juda
nase-Yerusaleme. 10 Sesiya kuti nina ka-
loku, TIXO wetu! emveni kwoku? ngokuba
siyishiyile imiyalelo yako, 11 leyo ubu-
yiyalela ngezicaka zako abaprofite, usiti:
Ilizwe, eniya kulo ukulifuya, lilizwe eli-
ncolileyo, ngokuncola kwabantu bamazwe,
ngento ezibuntshontsho zabo, ekungazo
balizalisile kwa kwennye inncame kwada
kwakwennye ngokuncola kwabo. 12 Ngako
kaloku, intombi zenu ningazendisi konya-
na babo, nentombi zabo ningazitabateli
onyana benu, ningafuni uxolo lwabo nobu-
tamsanqa babo kude kube ngunapakade:
ukuze nomelele, nidhle ubumnandi beli-
zwe, nilishiye libe lilifa labantwana benu
kude kube ngunapakade. 13 Nasemva
kwako konke okusihleleyo, ngennxa yeze-
nzo zetu ezikohlakeleyo, nangennxa ye-
tyala letu elikulu; noko wena, TIXO wetu!
usohlwayile ngento engapantsi kwenko-



University of Fort Hare

hlakalo yetu, wasinika ukusinda okungaka ;
14 siya kubuya siyapule imiyalelo yako
na, sitshatiselane nabantu bezizinto zibu-
ntshontsho ? akuyi kusiqumbela kude ku-
gqityelwe na, kuze kungabiko isisalela
nokusinda ? 15 YEHOVA, TIXO wo-Sirayeli !
ulungile wena ; ngokuba sisele sisindile,
njengokuba *kunjalo* namhla nje : bona ke,
sipambi kwako etyaleni letu ; ngokuba
singenakuma pambi kwako ngennxa yo-
ku.

10 Kekaloku xeshekweni ebetandazile u-
Ezera, naxeshekweni ebexele *oku*, elila
eziwisa pantsi ngapambi kwayo indhlu
KATIXO, kwandul' ukubutelana ngakuye
ko-Sirayeli inklanganiso enkulu kunene,
amadoda, nabafazi, nabantwana : ngokuba
abantu balila ngokulila okukulu. 2 Waza
wapendula u-Shekaniya unyana ka-Yehili,
owonyana baka-Helami, wati ku-Ezera :
Tina senze ngobumenemene ngakuye UTIXO
wetu, sasizekile abafazi bezinnye inklanga
kubo abantu belizwe : kodwa kaloku liseko
itemba ko-Sirayeli ngalento. 3 Ngako
kaloku masenze ucebano NOTIXO wetu,
lwokuba kwahlukaniswe bonke abafazi *abo*,
nabo bazelweyo ngabo, ngalo icebo lenkosi
yami, nelabangcangcazelayo ngennxa yom-
yalelo KATIXO wetu ; makwenziwe ke
ngomteto. 4 Suka wena, ngokuba ipezu
kwako lento ; kanjalo tina soba nawe ; yo-
melela, wenze ke.

5 Waza wesuka u-Ezera, wafungisa
inkosi zabaperisite, *na*ba-Levi, no-Sirayeli
bonke, ukuba baya kwenza ngalo elilizwi.
Bafunga ke. 6 Wandula u-Ezera wesuka
kwa pambi kwayo indhlu KATIXO, waya
enkambilini ka-Johanane unyana ka-Eliya-
shibe : wati akufika kona, akasidhla isonka,
akawasela amanzi ; ngokuba ebelilela ubu-
menemene babatinjwa. 7 Kwaza kwa-
dhluliswa ilizwi kwa-Juda nase-Yerusa-
leme, kulo lwonke usapo lwasekutinjweni,
lokuba lubutele e-Yerusaleme ; 8 nokuba
lowa*mntu* osukuba engezi pakati kwemihla
mitatu, njengecebo lenkosi nabadala, kwo-
dhliwa yonke impahla yake, ati yena ahlu-
lwe enklanganisweni yabatinjwa.

9 Andula abutela e-Yerusaleme onke
amadoda akwa-Juda nawakwa-Benjamine
pakati kwemihla mitatu. Ibiyinnyanga
yesitoba, ngowamashumi mabini *umhla*
wennyanga ; bati bonke abantu bahlala
enkundhleni yendhlu KATIXO, bengcangca-
zela pezu kwalonto, nangennxa yezipango
zemvula. 10 Wasuka wema u-Ezera
umperisite, wati kubo : Nina nenze ngo-
bumenemene, nanizekile abafazi bezinnye
inklanga, kuze kwandiswe ityala lo-Sira-
yeli. 11 Ngako kaloku yenzani ingxelo
KUYEHOVA, UTIXO woyihlo benu, nenze in-
tando yake : nize nizahlule kubo abantu
belizwe, nakubo abafazi bezinnye inkla-
nga.

12 Yaza yapendula yonke inklanganiso
yati ngelizwi elikulu : Kufanelekile kuti
ukwenza ngamazwi ako : 13 kodwa abantu
baninzi, lixesha lezipango zemvula, aku-
ko amandhla okuma ngapandhle ; kana-
njalo lomsebenzi asingowemmini 'nnye,
asingowemmini 'mbini : ngokuba sigqitile
ngento enninzi kulento. 14 Mazime inkosi
zetu zenklanganiso yonke, bandul' ukuti
bonke abazekileyo abafazi bezinnye inkla-
nga ezixekweni zakowetu beze ngamaxe-
sha amiselweyo, nakunye nabo abadala
besixeko ngesixeko nabagwebi baso, kude
kunqandwe kuti ubushushu bengqumbo
KATIXO wetu ngennxa yalento. 15 Ngu-
Jonatane unyana ka-Hasaheli, no-Yahaziya
unyana ka-Tikeva, abamela oku kwapela :
kodwa u-Meshulame, no-Shabetai um-Levi,
babanceda. 16 Lwaye lusenje njalo usapo
lwasekutinjweni.

Kwaza kwahlulwa u-Ezera umperisite,
*na*batile abazinkloko *zendhlu* zoyise, ngen-
dhlu zoyise zabo, bonke *bebalulwe* ngama-
gama, abahlala pantsi ngowokuqala umhla
wennyanga leshumi ukuba kubuzwe lenda-
wo. 17 Bagqiba ngawo onke amadoda
abebezekile abafazi bezinnye inklanga
ngowesinye umhla wennyanga yokuqala.
18 Kwafunyanwa kubo onyana babaperi-
site abebezekile abafazi bezinnye inkla-
nga : kubo onyana baka-Yoshuwa unyana
ka-Yotsadaki, nabazalwana bake ; u-Maha-
seya, no-Eliyezeri, no-Yaribe, no-Gedaliya.
19 Baza banika izandhla zabo ukuba ba-
hlukane nabafazi babo ; bati benetyala nje,
*banikela* inkunzi yegusha yasemhlambini
ngennxa yetyala labo. 20 Nakubo onyana
baka-Yimeri ; u-Hanani, no-Zebadiya. 21
Nakubo onyana baka-Harime ; u-Maha-
seya, no-Elija, no-Shemaya, no-Yehili, no-
Huziya. 22 Nakubo onyana baka-Pashure ;
u-Eliwenai, u-Mahaseya, u-Shimayeli, u-
Netaneli, u-Yozabadi, no-Elehasa. 23 Na-
kubo aba-Levi ; u-Yozabadi, no-Shimehi,
no-Kelaya, okwa nguye u-Kelita, *no*-Peta-
hiya, *no*-Juda, no-Eliyezeri. 24 Nakubo



University of Fort Hare
Together in Excellence

abaculi; u-Eliyashibe: nakubo abalindi-
mnyango; u-Shalume, no-Teleme, no-Uri.
25 Nakubo o-Sirayeli: kubo onyana baka-
Paroshe; u-Ramiya, no-Yiziha, no-Male-
kiya, no-Miyamine, no-Elezari, no-Male-
kiya, no-Benaya. 26 Nakubo onyana
baka-Helami; u-Mataniya, u-Zekariya, u-
Yehili, no-Habedi, no-Jeremote, no-Elija.
27 Nakubo onyana baka-Zatu; u-Eliwenai,
u-Eliyashibe, u-Mataniya, u-Jeremote, no-
Zabadi, no-Haziza. 28 Nakubo onyana
baka-Bebai; u-Jehohanane, u-Hananiya,
u-Zabai, *no*-Hatelai. 29 Nakubo onyana
baka-Bani; u-Meshulame, u-Maluke, no-
Hadaya, u-Yashube, no-Shali, no-Ramote.
30 Nakubo onyana baka-Pahati-mowabi;
u-Hadena, no-Kelali, u-Benaya, u-Maha-
seya, u-Mataniya, u-Betsalele, no-Binuwi,
no-Manase. 31 Na*ku*bo onyana baka-
Harime; u-Eliyezeri, u-Yishiya, u-Male-
kiya, u-Shemaya, u-Simone, 32 u-Benja-
mine, u-Maluke, *no*-Shemariya. 33 *Na*kubo
onyana baka-Hashume; u-Matenai, u-
Matata, u-Zabadi, u-Elifelete, u-Yeremai,
u-Manase, *no*-Shimehi. 34 *Na*kubo onyana
baka-Bani; u-Mahadai, u-Hamerame, no-
Weli, 35 u-Benaya, u-Bedeya, u-Keluhi,
36 u-Vaniya, u-Meremote, u-Eliyashibe,
37 u-Mataniya, u-Matenai, no-Yahasau, 38
no-Bani, no-Binuwi, u-Shimehi, 39 no-
Shelemiya, no-Natane, no-Hadaya, 40 u-
Makenadebai, u-Shashai, u-Sharai, 41 u-
Hazareli, no-Shelemiya, u-Shemariya, 42
u-Shalume, u-Amariya, *no*-Josefe. 43 *Na*-
kubo onyana baka-Nebo; u-Yeyeli, u-Mati-
tiya, u-Zabadi, u-Zebina, u-Yadau, no-
Joweli, *no*-Benaya. 44 Aba bonke bebe-
zekile abafazi bezinnye inklanga: kwaye
kuko pakati kwabo abanabafazi abebezale-
lwe abantwana ngabo.

## INNCWADI

# KANEHEMIYA.

### ISAHLUKO I.

AMAZWI ka-Nehemiya unyana ka-
Hakaliya.
Kwaye kute ngennyanga yo-Kisilevu,
ngomnyaka wamashumi mabini, nxa be-
ndiko e-Shushane kwomkulu, 2 kwafika
u-Hanani, omnye kubazalwana bami, yena
namadoda *atile* akwa-Juda; ndaza ndaba-
buza ngama-Juda abesindile, lawo abesele
kubatinjwa, nange-Yerusaleme. 3 Baye
besiti kumi: Abaseleyo, abo basele kuba-
tinjwa kona ezwaneni, baselishweni eliku-
lu nasekudelekeni: kanjalo udonga lwe-
Yerusaleme lucitiwe, namasango ayo atshi-
siwe ngomlilo.
4 Kwaza kwati, ndakuva lamazwi, nda-
hlala pantsi, ndalila, ndalusizi imihla *etile*,
ndazila ukutya, ndatandaza pambi KWO-
TIXO wezulu, 5 ndati: Ndiyakukunga,
YEHOVA, TIXO wezulu, UTIXO omkulu owo-
yikekayo, obagcinela ucebano nobubele
abamtandayo nabayigcinayo imiyalelo ya-
ke! 6 maike indhlebe yako ipulapuleke,
namehlo ako avuleke, ukuba uyive inta-
ndazo yesicaka sako, endiyitandazayo ebu-
sweni bako namhla, immini nobusuku,
ngennxa yosapo luka-Sirayeli izicaka zako,
ndizixela izono zosapo luka-Sirayeli, eso-
nileyo ngakuwe ngazo: sonile nati, mina
nendhlu kabawo. 7 Senzile ngokwonake-
leyo kakulu ngakuwe, singagcinanga imi-
yalelo, nezimiselo, nezigwebo, obumyalela
u-Mosesi isicaka sako ngazo. 8 Kumbula
ke ilizwi owamyalelayo u-Mosesi isicaka
sako, usiti: Nxa nisenza ngobumenemene,
ndoniti sa pakati kwenklanga; 9 kodwa
*nxa* niguqukela kumi, nigcine imiyalelo
yami, niyenze, ukuba kwobako abagxoti-
weyo benu esipelweni sezulu, ndobabuta
kwa lapo, ndibazise kulondawo ndiyinyu-
lileyo ukuba ndimise igama lami kona.
10 Kekaloku aba bazizicaka zako nabantu
bako, abo ubakululeyo ngamandhla ako
amakulu, nangesandhla sako esomeleleyo.
11 Ndiyakukunga, NKOSI! maike indhlebe
yako ipulapuleke kuyo intandazo yesi-
caka sako, nakuyo intandazo yezicaka zako,
ezinqwenayo ukwoyika igama lako: uko



University of Fort Hare

usitamsanqelekise isicaka sako namhla,
usinike ububele ebusweni balendoda.
Ngokuba bendingumncamli kukumkani.

2 KWAYE kute ngenyanga yo-Nisane,
ngowamashumi mabini umnyaka ka-
Aretashasheta ukumkani, iveyine ibipambi
kwake; ndaza ndatabata iveyine leyo,
ndanika kukumkani. Kekaloku bendifu-
dula ndingabi lusizi ebusweni bake. 2
Ngako wati kumi ukumkani: Kunganina
ukuba ubuso bako bulusizi, ungenasifo
nje? lento ilusizi lwenkliziyo kupela.
Ndaza ndoyika kakulu kunene, 3 ndati
kuye ukumkani: Makapile ukumkani kude
kube ngunapakade! kunganina ukuba u-
buso bami bungabi lusizi, oko isixeko,
indawo yamancwaba obawo, sicitakele, na-
masango aso agqityelwe ngumlilo? 4 Wa-
yesiti ukumkani kumi: Yinto nina uyi-
funayo? Ndandul' ukutandaza kuye UTIXO
wezulu. 5 Ndandisiti kukumkani: Uku-
ba kunga kulungile kukumkani, nokuba
isicaka sako sifumene ufefe ebusweni bako,
ndinga ungandituma ukuya kwa-Juda,
esixekweni samancwaba obawo, ukuze ndi-
sake. 6 Waza ukumkani wati kumi, (u-
kumkanikazi ehleli ngakuye:) Ihambo
yako yoba yeyexesha elingakananina? wo-
buya nini na? Kwada kwanga kulungile
kukumkani ukundituma; ndaza ndammi-
sela umzuzu. 7 Ndalekela ndati kuku-
mkani: Ukuba kunga kulungile kuku-
mkani, mandipiwe incwadi kwinkosi ezi-
pesheya kwomlambo, zokuba zindidhlulise
ndide ndifike kwa-Juda; 8 nencwadi ku-
Safa umgcini wehlati lokumkani, yokuba
andipe imiti yokuhlanganisa amasango
ennqaba engakuyo indhlu, neyodonga lwe-
sixeko, neyendhlu endiya kungena kuyo.
Ndapiwa ke ngukumkani, njengokuba isa-
ndhla esilungileyo SOTIXO wami sibe sipezu
kwami.
9 Ndandula ndeza kuzo inkosi ezipe-
sheya kwomlambo, ndazinika incwadi
zokumkani. Waye ukumkani ebetumile
kunye nami inkosi zempi nabakweli bama-
hashe. 10 Kwati kwakuviwa ngu-Saneba-
lati um-Horonayime, no-Tobiya isicaka,
um-Hamoni, kwabuhlungu kubo ngobu-
hlungu obukulu ukuba bekufikile umntu
ukuza kufuna ubutamsanqa bosapo luka-
Sirayeli.
11 Ndada ndafika e-Yerusaleme, ndabe-
ndiko kona intsuku zantatu. 12 Ndaza
ndesuka ebusuku, mina namadoda angema-
ninzi kunye nami; kodwa andaxelela 'mntu
into UTIXO wami abeyingenisile enklizi-
yweni yami ukuyenza e-Yerusaleme; ka-
njalo akwabiko nami nasilo, kupela esosilo
ndakwela kuso. 13 Ndapuma ke ebusuku
ndaya ngesango lesihlambo, nangapambi
kwomtombo wennamba, nasesangweni len-
kunkuma, ndabonela indonga ze-Yerusa-
leme, ezibe zicitiwe, namasango ayo abe-
gqityelwe ngumlilo. 14 Ndadhlula ndaya
esangweni lomtombo, nasecibini lokumka-
ni; kodwa akwabiko 'ndawo yokuba si-
dhlule isilo esipantsi kwami. 15 Ndaza
ndenyuka ebusuku ndaya ngasemlanjaneni,
ndabonela udonga, ndabuya, ndangena
ngesango lesihlambo, ndabuyelela ke.
16 Kekaloku amagosa akazi apo bendiye
kona, uento ndayenzayo; kanjako bendi-
ngaxelelanga ama-Juda, nabaperisite, ne-
miduna, namagosa, nabanye abawenzayo
umsebenzi, kwada kwakaloku. 17 Ndaza
ndati kubo: Niyabona ilishwa esikulo tina,
lokuba i-Yerusaleme icitakele, nokuba
amasango ayo atshisiwe ngomlilo; yizani,
masake udonga lwe-Yerusaleme, ukuze si-
ngabi sesisigxekwa. 18 Ndaza ndabashu-
mayeza isandhla SOTIXO wami esibe silu-
ngile pezu kwami; kwa namazwi kaku-
mkani abewatetile kumi. Bati ke: Masi-
suke sake. Baza bazomelezela *lomsebenzi*
olungileyo izandhla zabo.
19 Kodwa kwakuviwa ngu-Sanebalati
um-Horonayime, no-Tobiya isicaka, um-
Hamoni, no-Gesheme um-Arabi, bahlekisa
ngati, basidela, bati: Yinto nina le niye-
nzayo? niya kuvukelana nokumkani nje
na? 20 Ndaza ndabapendula, ndati kubo:
UTIXO wezulu, nguye oya kusitamsanqele-
kisa; ngako tina, izicaka zake, siya kusuka
sake: kodwa nina aninasabiwo, nagunya,
nasikumbuzelo, e-Yerusaleme.

3 KWANDULA kwesuka u-Eliyashibe
umperisite omkulu, nabazalwana bake
abaperisite, balaka isango legusha; balenza
ngcwele, bamisa ingcango zalo; baye be-
lenza ngcwele kwada kwakuyo innqaba
ye-Meha, kwada kwakuyo innqaba ye-
Hananele. 2 Nakufupi naye kwaka ama-
doda ase-Jeriko. Nakufupi nawo kwaka
u-Zakure unyana ka-Yimri.
3 Nesango lenklanzi lwalaka usapo lwase-
Senaha; lwalihlanganisa, lwamisa ingca-
ngo zalo, nezitshixelo zalo, nemivalo yalo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

4 Nakufupi nalo kwalungiswa ngu-Mere-
mote, unyana ka-Huriya, unyana ka-Kotse.
Nakufupi nabo kwalungiswa ngu-Meshu-
lame, unyana ka-Berekiya, unyana ka-
Meshezabele. Nakufupi nabo kwalungiswa
ngu-Tsadoki, unyana ka-Bahana. 5 Naku-
fupi nabo kwalungiswa ngaba-Tekoha;
kodwa imiduna yabo ayangenisa intamo
zayo emsebenzini WENKOSI yayo.

6 Nesango elidala balilungisa u-Yoyada
unyana ka-Paseha, no-Meshulame unyana
ka-Besodiya; balihlanganisa, bamisa ingca-
ngo zalo, nezitshixelo zalo, nemivalo yalo.
7 Nakufupi nabo kwalungiswa ngu-Mela-
tiya um-Gibeyone, no-Yadoni um-Meronote,
*n*amadoda ase-Gibeyone, nawase-Mitsipa,
kwada kwakuyo iterone yenkosi yelicala
lomlambo. 8 Kufupi naye kwalungiswa
ngu-Huziyeli unyana ka-Harehaya, owe-
ncibi zegolide. Nakufupi naye kwalungi-
swa ngu-Hananiya unyana *wo*wabenzi be-
zimnandi; bayinqabisa i-Yerusaleme kwa-
da kwaseludongeni olubanzi. 9 Nakufupi
nabo kwalungiswa ngu-Refaya unyana ka-
Hure, inkosi yesiqingata sesahlulo sase-
Yerusaleme. 10 Nakufupi nabo kwalungi-
swa ngu-Yedaya unyana ka-Harumafi, kwa
malungana nendhlu yake. Nakufupi naye
kwalungiswa ngu-Hatushe unyana ka-
Hashabiniya. 11 Ennye indawana elinga-
nisiweyo, nennqaba yamaziko, wazilungisa
u-Malekiya unyana ka-Harime, no-Hashube
unyana ka-Pahati-mowabi. 12 Nakufupi
naye walungisa u-Shalume unyana ka-
Haloheshe, inkosi y*esinye* isiqingata sesa-
hlulo sase-Yerusaleme, yena nentombi zake.

13 Isango lesihlambo walilungisa u-
Hanune, nabemi base-Zanoha; balaka, ba-
zimisa ingcango zalo, *n*ezitshixelo zalo,
nemivalo yalo, newaka lekubite zodonga
kwada kwakulo isango lenkunkuma. 14
Nesango lenkunkuma walilungisa u-Male-
kiya unyana ka-Rekabe, inkosi yesahlulo
sase-Bete-kereme; walaka, wazimisa ingca-
ngo zalo, *n*ezitshixelo zalo, nemivalo yalo.
15 Nesaugo lomtombo walilungisa u-Sha-
lune unyana ka-Kole-hoze, inkosi yesahlulo
sase-Mitsipa; walaka, waligubungela, wa-
zimisa ingcango zalo, *n*ezitshixelo zalo, ne-
mivalo yalo; *walungisa* nodonga lwecibi
le-Siloha ngasentsimini yokumkani, nakude
kwakuzo izinyukelo ezihlayo esixekweni
sika-Davide.

16 Emva kwake kwalungiswa ngu-Nehe-
miya unyana ka-Hazebuke, inkosi yesiqi-
ngata sesahlulo sase-Bete-tsure, kwada
kwamalungana namancwaba ka-Davide,
nakude kwakulo icibi elibe lenziwe, nakude
kwakuyo indhlu yamagora. 17 Emva kwa-
ke kwalungisa aba-Levi, u-Rehumi unyana
ka-Bani. Kufupi naye kwalungiswa ngu-
Hashabiya, inkosi yesiqingata sesahlulo
sase-Kehila, esahlulweni sake. 18 Emva
kwake kwalungisa abazalwana babo, u-
Bavai unyana ka-Henadade, inkosi y*esi-
nye* isiqingata sesahlulo sase-Kehila. 19
Nakufupi naye walungisa u-Hezere unyana
ka-Yoshuwa, inkosi ye-Mitsipa, ennye
indawana elinganisiweyo, malungana nen-
dawo enyukayo ngasendhlwini yezixòbo,
ekujikeni *kwodonga*. 20 Emva kwake wa-
nyameka ukulungisa u-Baruke unyana ka-
Zabai ennye indawana elinganisiweyo, kwa
sekujikeni *kwodonga* kwada kwaseluca-
ngweni lwendhlu ka-Eliyashibe umperi-
site omkulu. 21 Emva kwake kwalu-
ngisa u-Meremote, unyana ka-Huriya, u-
nyana ka-Kotse, ennye indawana elinga-
nisiweyo, kwa selucangweni lwendhlu
ka-Eliyashibe kwada kwasenncameni yen-
dhlu ka-Eliyashibe. 22 Nasemva kwa-
ke kwalungisa abaperisite, amadoda ase-
tafeni. 23 Emva kwake kwalungisa u-
Benjamine no-Hashube malungana nen-
dhlu yabo. Emva kwake kwalungiswa
ngu-Hazariya, unyana ka-Mahaseya, unya-
na ka-Hananiya, ngasendhlwini yake. 24
Emva kwake kwalungisa u-Binuwi unyana
ka-Henadade ennye indawana elinganisi-
weyo, kwa sendhlwini ka-Hazariya kwada
kwasekujikeni *kwodonga*, nakude kwakulo
igumbi. 25 U-Palale unyana ka-Uzai *wa-
lungisa* malungana nokujika *kwodonga*, nen-
nqaba epuma ngapandhle kwendhlu ende
yokumkani, ebikufupi nenkundhla yento-
longo. Emva kwake *kwalungisa* u-Pedaya
unyana ka-Paroshe.

26 Kanjalo aba-Netini, *a*bebehlala e-
Hofeli, *balungisa* kwada kwamalungana
nesango lamanzi ngasempumalanga, nen-
nqaba epumayo. 27 Emva kwabo kwalu-
ngisa aba-Tekoha ennye indawana elinga-
nisiweyo, malungana nennqaba enkulu
epumayo, kwada kwaseludongeni lwe-
Hofeli.

28 Enkla kwesango lamahashe kwalu-
ngisa abaperisite, abanye ngabanye malu-
ngana nezindhlu zabo. 29 Emva kwabo
kwalungisa u-Tsadoki unyana ka-Yimeri
malungana nendhlu yake. Nasemva kwake



University of Fort Hare

kwalungiswa ngu-Shemaya unyana ka-
Shekaniya, umgcini wesango lasempuma-
langa. 30 Emva kwake kwalungisa u-
Hananiya unyana ka-Shelemiya, no-Hanune
owesitandatu unyana ka-Tsalafe, enye
indawana elinganisiweyo. Emva kwake
kwalungisa u-Meshulame unyana ka-Bere-
kiya malungana nenkambili yake. 31
Emva kwake kwalungiswa ngu-Malekiya
unyana wenncibi yegolide, kwada kwakuyo
indawo yaba-Netini, neyabatengi, malu-
ngana nesango le-Mifekade, nakude kwa-
kuyo inkambili yapezulu yegumbi. 32
Napakati kwenkambili yapezulu yegumbi
nesango legusha, kwalungisa inncibi zego-
lide nabatengi.

4 KWAYE kute, kwakuviwa ngu-Sane-
balati ukuba siyaka udonga, kwavuta
umsindo wake, waqumba kakulu; waza
wahlekisa ngama-Juda, 2 wateta ebusweni
babazalwana bake nempi yase-Samariya,
wati: Yinto nina ayenzayo lama-Juda
abutataka? onqabisa ngokwawo na? owe-
nza amadini na? ogqiba emhleni 'mnye
na? opilisa amatye ezimfumbeni zenku-
nkuma na, noko zitshisiweyo? 3 Kekaloku
u-Tobiya um-Hamoni ebengakuye, wati:
Kwa oko akwakayo, ukuba kwonyuka im-
pungutye, yosel' icita udonga lwamatye
lwawo.
4 Yiva, Tixo wetu! ngokuba sidelwayo;
uze ubuyise ukugxeka kwabo pezu kwe-
yabo inkloko, ubanikele ekupangweni eli-
zweni lokutinjwa: 5 ungaseleli ityala labo;
nesono sabo masingacinywa pambi kwako:
ngokuba be*ku*qumbisile, bemela abaki.
6 Saza salwaka udonga; kwaye kuba-
ndakanywa udonga lwonke kwada kwasi-
siqingata *sobude* balo: ngokuba abantu
bebenenkliziyo yokusebenza.
7 Kwaye kute, kwakuviwa ngu-Sane-
balati, no-Tobiya, nama-Arabi, naba-
Hamoni, nama-Ashedode, ukuba kwaha-
njiswa ukulungiswa kwendonga ze-Yeru-
saleme, *no*kuba intanda zaqala ukuvingewa,
kwandul' ukuvuta umsindo wabo kakulu,
8 bacebana bonke kwa kunye ukuza
ukulwa ngakuyo i-Yerusaleme, nokuyi-
xaka. 9 Kodwa satandaza kuTixo wetu,
samisa abalindi ngakubo, immini nobusuku,
ngenxa yabo. 10 Baza bati o-Juda:
Amandhla abatwali bemitwalo ayapela,
kanti inkunkuma isenninzi; kukona siko-
hlwayo kulwaka udonga. 11 Zaye zisiti
intshaba zetu: Abayi kwazi, abayi kubona
kanjako, side singene pakati kwabo, siba-
bulale, siwupelise umsebenzi.
12 Kwaye kute, kwakufika ama-Juda
abehlala ngakuzo, ati kuti ishumi lamaxe-
sha: *Zovela* kuzo zonke indawo eningabu-
yelayo kuti ngazo, *ziniraule.* 13 Ngako
ndamisa ezindaweni zasezantsi ngasemva
kwodonga, kwezitshileyo, ndamisa abantu,
ngezizalwane zabo, benezirele zabo, *nen*-
tshuntshe zabo, nezipeta zabo. 14 Ndaza
ndakangela, ndesuka, ndati kwimiduma,
nakumagosa, nakwabanye abantu: Ninga-
zoyiki; kumbulani iNkosi, leyo inkulu eyo-
yikekayo, nibalwele abazalwana benu, *no*-
nyana benu, nentombi zenu, *na*bafazi
benu, nezindhlu zenu.
15 Kwaye kute, xeshekweni bezivile
intshaba zetu ukuba kwaziwe siti, nokuba
uTixo utshitshisile icebo lazo, sasesisiti
tina sonke sabuyela eludongeni, abanye
ngabanye *besiya* emsebenzini wabo. 16
Kwaza kwati emva kweloxesha, esinye
isiqingata sezicaka zami zasebenza emse-
benzini, nesinye isiqingata sazo zabamba
intshuntshe, *na*makaka, nezipeta, nehempe
zentsimbi: kanjalo inkosi bezisemva kwayo
yonke indhlu ka-Juda. 17 Abo bakayo
eludongeni, nabo batwala imitwalo, *naba*-
twesayo, ngesinye isandhla sabo basebenza,
nangesinye babamba isikali, abanye nga-
banye: 18 ngokuba abaki, bonke ngabanye
bebenamarele abo ebinqiwe ezinqeni zabo,
baka ke. Kodwa lowo owavutelayo nge-
xilongo ebengakumi. 19 Ndati ke kwimi-
duma, nakumagosa, nakwabanye abantu:
Umsebenzi umkulu, ubanzi; kanti tina
sahlukene pezu kwodonga, omnye ekude
nomnye: 20 kulondawo apo niyivayo
inklokoma yexilongo, butelani kona kuti;
uTixo wetu wosilwela.
21 Saza sasebenza emsebenzini; bati esi-
nye isiqingata sabo babamba intshuntshe
kwa sekupumeni kwokusa kwada kwaseku-
veleni kwenkwenkwezi. 22 Kanjalo nge-
loxesha ndati ebantwini: Mabalalise bo-
nke nezicaka zabo pakati kwe-Yerusaleme,
ukuze babe ngabalindi kuti ebusuku, bati
emmini basebenze. 23 Saye singasusi izi-
vato zetu, kwa mina, nabazalwana bami,
nezicaka zami, nabalindi abandilandelayo;
bonke *baya* nezikali zabo emanzini.

5 KWAZA kwabako isikalo esikulu sa-
bantu nabafazi babo, ngakubo abazalwa-



University of Fort Hare
Together in Excellence

na babo ama-Juda. 2 Ngokuba bekuko
abati: Tina, onyana betu, nentombi zetu,
sibaninzi; ngako sitengile innqolowa, u-
kuba sidhle, sipile nokupila. 3 Kwabako
nabati: Amasimi etu, nezitiya zetu zemiti
yeveyine, nezindhlu zetu, sibambisile
ngazo, ukuba sitenge innqolowa ngennxa
yendhlala. 4 Kwabako nabati: Sibolekile
imali ibe yeyomnikelo wokumkani, *siba-*
*mbisile nje nga*masimi etu nezitiya zetu
zemiti yeveyine. 5 Kodwa kaloku innya-
ma yetu injengennyama yabazalwana betu,
*na*bantwana betu banjengabantwana babo:
kanjako, bona ke, siyakonzisa onyana betu
nentombi zetu babe ngamakoboka; ewe,
sezikonzisiwe intombi zetu innxennye,
kungeko 'nto emandhleni ezandhla zetu;
ngokuba abanye abantu benamasimi etu
nezitiya zetu zemiti yeveyine.

6 Kwandul' ukuvuta ingqumbo yami
kakulu, nxa ndevayo isikalo sabo nalama-
zwi. 7 Ndasuka ndacebisana nenkliziyo
yami, ndapikisana nemiduna namagosa,
ndati kubo: Niyabanga inzuzo, abanye
ngabanye kubazalwana babo. Ndaza nda-
beka ngakubo inklanganiso enkulu. 8
Ndandisiti kubo: Tina, ngamandhla etu,
sibakulule abazalwana betu ama-Juda,
abebetengisiwe kubo abaheyideni; kanene
nina, seniya kutengisa ngabazalwana benu
na? baya kutengiswa kuti ke na? Baza
bati ewaka, bengafumani 'nto yokupendula.
9 Ndati kanjalo: Akulungile oko nikwe-
nzayo: ngeningahambi na ekumoyikeni
UTIXO wetu, ngennxa yesigxeko sabaheyi-
deni intshaba zetu? 10 Kwa nami, *na*ba-
zalwana bami, nezicaka zami, besingaba-
ngayo kubo imali nennqolowa: masiyeke
ke inzuzo le. 11 Kenibuyisele kubo kwa
namhla nje amasimi abo, *n*ezitiya zabo ze-
miti yeveyine, *n*emiyezo yabo yeminquma,
nezindhlu zabo, nesekulu *isahlulo* semali,
nennqolowa, *n*eveyine, neoli, eniziba-
ngayo kubo. 12 Bandula bati: Sobuyisa
ke, singabizi 'nto kubo; siya kwenje njalo,
njengokuba utshilo wena. Ndaza ndabiza
abaperisite, ndabafungisela ukuba baya
kwenza ngalo elilizwi. 13 Kanjako ndavu-
tulula ingubo yami, ndati: Makenje njalo
UTIXO ukuvutulula bonke abasukuba be-
ngafezi elilizwi, ezindhlwini zabo, naseku-
qweleni kwabo: mabavutululwe kwa ngo-
kunjalo, babe zé. Yati ke yonke inkla-
nganiso: Amene! yamdumisa UYEHOVA.
Baza abantu benza ngalo elilizwi.

14 Kanjako kuseloko bendimiselwa uku-
ba yinkosi yabo elizweni lakwa-Juda, kwa
kuwo owamashumi mabini umnyaka kwada
kwakuwo owamashumi màtatu anesibini
umnyaka ka-Aretashasheta ukumkani, iyi-
minyaka ilishumi elinamibini, isonka sen-
kosi asisidhlanga mina nabazalwana bami.
15 Kodwa inkosi zokuqala, ezibe zipa-
mbili kumi, zayenza nzima *iyokwe* pezu
kwabantu, zatabata kubo isonka neveyine,
ngapandhle kwazo ishekele zesilivere ezi-
mashumi mane; ewe izicaka zazo zapata
abantu ngobukosi: kanti bendingenje njalo
mina, ngennxa yokwoyikwa KUKATIXO. 16
Kananjalo emsebenzini woludonga ndazi-
ngisa ke; asatenga nannye intsimi: nazo
zonke izicaka zami zazihlanganiselwa kona
kulomsebenzi. 17 Kwaye kuko ngasesi-
tebeni sami ikulu elinamashumi mahlanu
lama-Juda namagosa, ngapandhle kwabo
abebesiza kuti bevela kubaheyideni abasi-
ngqongayo. 18 Kekaloku oko obekulu-
ngiselwa immini 'nnye, bekuyinkabi innye
*n*egusha zintandatu ezikitiweyo; kwandi-
lungiselwa nentaka; napakati kwemihla
elishumi zonke inklobo zeveyine ngokuni-
nzi: noko ke isonka senkosi andisibizanga,
ngennxa yokuba inkonzo ibinzima pezu
kwababantu.

19 Ndikumbulele, TIXO wami! kube
kokulungileyo, konke endikwenzileyo kwa-
babantu.

6 KWAYE kute, kwakuviwa ngu-Saneba-
lati, no-Tobiya, no-Gesheme um-Arabi,
nabanye abazintshaba zetu, ukuba bendi-
lwakile udonga, nokuba akwasala kulo
nalunye utanda; (nakuba ngeloxesha be-
ndingamisanga ingcango emasangweni;)
2 bandula u-Sanebalati no-Geshemo batu-
ma kumi, ukuti: Yiza, masihlangane nda-
wonye emizini emhlanjeni wase-Ono. Ko-
dwa babecinga ukundenza ububi. 3 Ndaza
ndatuma izigidimi kubo, ukuti: Ndiwenza
umsebenzi omkulu, ndikohliwe kukuhla
ke; yinina ukuba kumqamke umsebenzi,
nxa ndiwuyekayo, ndihle ukuza kuni? 4
Baye betuma kumi kwa ngokunjalo ama-
xesha amane; ndaza ndabapendula kwa
ngokunjalo.

5 Wandula u-Sanebalati watuma kumi
kwa ngokunjalo ixesha lesihlanu isicaka
sake, sinenncwadi evulekileyo esandhleni
saso; 6 ekwabàlwa kuyo, *kusitwa:* Ku-
vakele pakati kwenklanga, utsho ke u-



University of Fort Hare

Gashemu, *ukuba* wena nama-Juda niyacinga
ukwenza imvukelo; ngako oko uyalwaka
udonga; nokuba wena woba ngukumkani
wawo, njengalamazwi: 7 nakanjako, uba-
misile abaprofite ukuba bashumayele nga-
we e-Yerusaleme, besiti: Ungukumkani
kwa-Juda. Nakaloku kwoviwa nguku-
mkani njengalamazwi: ngako kaloku yiza,
masicebisane ndawonye. 8 Ndaza ndatu-
ma kuye, ukuti: Akwenzekanga njenge-
zonto uteta ngazo, koko uziqingayo ngeya-
ko inkliziyo. 9 Ngokuba bona bonke
bebesoyikisa, besiti: Izandhla zabo zoyeka
umsebenzi, ude ungenzwa ke. Ngako
kaloku, *Tixo!* yomeleza izandhla zami.

10 Ndandula ndangena endhlwini ka-She-
maya, unyana ka-Delaya, unyana ka-Mehe-
tabele, obevalelwa; wayesiti yena: Masi-
hlangane endhlwini KATIXO, ngapakati
kwetempile, sivale ingcango zetempile;
ngokuba beya kuza ukukubulala; ewe
ebusuku boza ukukubulala. 11 Ndati ke:
Indoda enjengami iya kusaba na? nguba-
nina ke, enjengami, oya kungena etempi-
leni ukuba ahlale ebomini? Andiyi ku-
ngena. 12 Ndaza ndaqiqa, kekaloku bona
ke, UTIXO ebengamtumanga; koko wasi-
tetayo esisiprofitesho ngakumi, ngokuba
ebeqeshiwe ngu-Tobiya no-Sanebalati. 13
Kukona abeqeshiwe, ukuze ndoyike, nde-
nje njalo, ndone; ukuba babe nento yo-
kwenza udumo olubi, ukuze bandigxeke.

14 Kumbula, TIXO wami! u-Tobiya no-
Sanebalati njengazo ezizenzo zabo; kwa
naye u-Nohadiya umprofitekazi, nabanye
abaprofite, abandoyikisileyo.

15 Kwada kwafezwa udonga ngowama-
shumi mabini anesihlanu *umhla wenyanga*
yo-Elule, kuyo imihla imashumi mahlanu
anamibini. 16 Kwaza kwati, xeshekweni
bekuviwa ngabo bonke abazintshaba zetu,
na*xeshekweni* bekubonwa ngabo bonke aba-
heyideni abasingqongayo, bandula bawa
kakulu kwawabo amehlo: ngokuba be-
besazi ukuba lomsebenzi ube wenziwe
NGUTIXO wetu.

17 Kanjako, ngalomihla, imiduna yakwa-
Juda yatuma innewadi ezinninzi ku-Tobi-
ya; nezika-Tobiya bezisiza kuyo. 18
Ngokuba abaninzi kwa-Juda bebefungile
kuye, ngenxa yokuba ebengumyeni ku-
Shekaniya unyana ka-Arahi; no-Jehoha-
nane unyana wake yena ebezekile intombi
ka-Meshulame unyana ka-Berekiya. 19
Kanjalo izenzo zake ezilungileyo bazixela
ebusweni bami, namazwi ami bawakupela
kuye. Wayo u-Tobiya ezituma innewadi
ukundoyikisa.

7 KWAYE kute, emveni kwokuba udo-
nga lwaselwakiwe, nokuba bendizimi-
sile ingcango, nokuba bebepatisiwe abali-
ndimnyango, nabaculi, naba-Levi, 2 nda-
ndula ndamisa u-Hanani umzalwana wami,
no-Hananiya inkosi yennqaba, pezu kwe-
Yerusaleme: ngokuba ebeyindoda yennya-
niso, wamoyika UTIXO ngapezu kwabaninzi.
3 Ndandisiti kubo: Amasango e-Yerusa-
leme makangavulwa lide libalele ilanga;
naxeshekweni basemiyo ngaku*wo*, maba-
vale ingcango, bafake imivalo: kanjalo
makumiswe abalindi, abemi base-Yerusa-
leme, bonke ngabanye ekulindeni kwabo,
nabanye ngabanye malungana nezindhlu
zabo.

4 Kekaloku isixeko sasibanzi indawo ya-
so, sasikulu; kodwa abantu bebelula pakati
kwaso: kanjako izindhlu bezingekakiwe.

5 Wandula UTIXO wami wabeka enklizi-
yweni yami ukuba ndihlanganise imiduna,
namagosa, nabantu, baze babàlelwe ngo-
kuzalwa. Ndaza ndafumana isibàlelo so-
kuzalwa sababenyuke ekuqaleni, ndafuma-
na kubàliwe kuso, *kusitwa:*

6 Lulo olu usapo lwasezwaneni olwa-
nyukayo kubo abatinjwa abebefudusiwe,
abo u-Nebukanetsare ukumkani we-Babi-
lone ebebafudusile, lwabuya lweza e-Yeru-
saleme nakwa-Juda, olunye ngolunye esi-
xekweni sakowalo; 7 olwezayo no-Zeruba-
beli:

U-Yoshuwa, u-Nehemiya, u-Hazariya,
u-Rahamiya, u-Nahamani, u-Modekai, u-
Bilishane, u-Miseperete, u-Bigivai, u-Ne-
humi, u-Bahana.

Inani lamadoda abantu bakwa-Sira-
yeli: 8 Usapo luka-Paroshe, ngamawaka
mabini anekulu linye elinamashumi asi-
xenxe anesibini. 9 Usapo luka-Shefatiya,
ngamakulu matatu anamashumi asi-
xenxe anesibini. 10 Usapo luka-Arahi,
ngamakulu matandatu anamashumi ma-
hlanu anesibini. 11 Usapo luka-Pahati-
mowabi, olwosapo luka-Yoshuwa no-Jowa-
bi, ngamawaka mabini anamakulu asibozo
aneshumi linesibozo. 12 Usapo luka-
Helami, liwaka linye elinamakulu mabini
anamashumi mahlanu anesine. 13 Usapo
luka-Zatu, ngamakulu asibozo anamashumi
mane anesihlanu. 14 Usapo luka-Zakai,



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngamakulu asixenxe anamashumi mata-
ndatu. 15 Usapo luka-Binuwi, ngamakulu
matandatu anamashumi mane anesibozo.
16 Usapo luka-Bebai, ngamakulu mata-
ndatu anamashumi mabini anesibozo. 17
Usapo luka-Hazegadi, ngamawaka mabini
anamakulu matatu anamashumi mabini
anesibini. 18 Usapo luka-Adonikame,
ngamakulu matandatu anamashumi mata-
ndatu anesixenxe. 19 Usapo luka-Bigivai,
ngamawaka mabini anamashumi matandatu
anesixenxe. 20 Usapo luka-Hadine, nga-
makulu matandatu anamashumi mahlanu
anesihlanu. 21 Usapo luka-Atere, oluka-
Hezekiya, ngamashumi alitoba anesibozo.
22 Usapo luka-Hashumi, ngamakulu ma-
tatu anamashumi mabini anesibozo. 23
Usapo luka-Betsai, ngamakulu matatu ana-
mashumi mabini anesine. 24 Usapo luka-
Harife, likulu linye elineshumi linesibini.
25 Usapo lwase-Gibeyone, ngamashumi
alitoba anesihlanu. 26 Amadoda ase-Bete-
leheme ne-Netofati, likulu linye elinama-
shumi asibozo anesibozo. 27 Amadoda
ase-Hanatote, likulu linye elinamashumi
mabini anesibozo. 28 Amadoda ase-Bete-
hazamaveti, ngamashumi mane anesibini.
29 Amadoda ase-Kiriyate-yarime, *ne*-Kefi-
ra, ne-Berote, ngamakulu asixenxe anama-
shumi mane anesitatu. 30 Amadoda ase-
Rama ne-Gaba, ngamakulu matandatu ana-
mashumi mabini ananye. 31 Amadoda
ase-Mikimasi, likulu linye elinamashumi
mabini anesibini. 32 Amadoda ase-Betele
ne-Hahai, likulu linye elinamashumi ma-
bini anesitatu. 33 Amadoda ase-Nebo yi-
mbi, ngamashumi mahlanu anesibini. 34
Usapo luka-Helami wumbi, liwaka linye
elinamakulu mabini anamashumi mahlanu
anesine. 35 Usapo luka-Harime, ngama-
kulu matatu anamashumi mabini. 36 U-
sapo lwase-Jeriko, ngamakulu matatu ana-
mashumi mane anesihlanu. 37 Usapo
lwase-Lodi, *ne*-Hadidi, ne-Ono, ngamakulu
asixenxe anamashumi mabini anesinye.
38 Usapo lwase-Senaha, ngamawaka ma-
tatu anamakulu alitoba anamashumi ma-
tatu.

39 Abaperisite: usapo luka-Yedaya, o-
lwendhlu ka-Yoshuwa, ngamakulu alitoba
anamashumi asixenxe anesitatu. 40 Usapo
luka-Yimeri, liwaka linye elinamashumi
mahlanu anesibini. 41 Usapo luka-Pashu-
re, liwaka linye elinamakulu mabini ana-
mashumi mane anesixenxe. 42 Usapo
luka-Harime, liwaka linye elineshumi line-
sixenxe.

43 Aba-Levi: usapo luka-Yoshuwa *no*-
Kadimele, olwosapo luka-Hodeva, ngama-
shumi asixenxe anesine.

44 Abaculi: usapo luka-Safa, likulu
linye elinamashumi mane anesibozo.

45 Abalindimnyango: usapo luka-Sha-
lume, usapo luka-Atere, usapo luka-Tali-
mone, usapo luka-Hakube, usapo luka-
Hatita, usapo luka-Shobai, likulu linye
elinamashumi matatu anesibozo.

46 Aba-Netini: usapo luka-Tsiha, usapo
luka-Hasufa, usapo luka-Tabahoti, 47 usapo
luka-Kerosi, usapo luka-Siha, usapo luka-
Padoni, 48 usapo luka-Lebana, usapo luka-
Hagaba, usapo luka-Shalemai, 49 usapo
luka-Hanane, usapo luka-Gidele, usapo
luka-Gahari, 50 usapo luka-Rehaya, usapo
luka-Retsine, usapo luka-Nekoda, 51 u-
sapo luka-Gazame, usapo luka-Huza, u-
sapo luka-Paseha, 52 usapo luka-Besai,
usapo luka-Mehunime, usapo luka-Nefi-
shesime, 53 usapo luka-Bakebuke, usapo
luka-Hakufa, usapo luka-Harehure, 54
usapo luka-Batseliti, usapo luka-Mehida,
usapo luka-Haresha, 55 usapo luka-Bare-
kosi, usapo luka-Sisera, usapo luka-Tama,
56 usapo luka-Netsiha, usapo luka-Hatifa.
57 Usapo lwezicaka zika-Solomone: usapo
luka-Sotai, usapo luka-Soferete, usapo luka-
Perida, 58 usapo luka-Yabala, usapo luka-
Darekone, usapo luka-Gidele, 59 usapo
luka-Shefatiya, usapo luka-Hatili, usapo
luka-Pokerete-tsebayime, usapo luka-Amo-
ni. 60 Bonke aba-Netini, nosapo lwezi-
caka zika-Solomone, ngamakulu matatu
anamashumi alitoba anesibini.

61 Kanjalo aba ngabanyukayo e-Tele-
mela, *nase*-Tele-haresha: u-Kerube, u-
Adoni, no-Yimeri: kodwa bakohlwa ku-
xela indhlu yoyise yabo, nesizalwano
sabo, ukuba bangabakwa-Sirayeli na. 62
Usapo luka-Delaya, usapo luka-Tobiya,
usapo luka-Nekoda, ngamakulu matandatu
anamashumi mane anesibini.

63 Nakubo abaperisite: onyana baka-
Habaya, onyana baka-Kotse, onyana baka-
Barezilai, owazeka umfazi kwintombi zika-
Barezilai um-Gileyadi, wabizwa ngegama
lazo: 64 aba bafuna ukubàlelwa kwabo
*pakati* kwababàlelweyo ngokuzalwa, ko-
dwa akwafunyanwa: ngako bashenxiswa
kubo ubuperisite njengabancolileyo. 65
Yayisiti kubo inkosi enkulu, ukuba maba



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngatyi kwizinto ezingcwele kakulu, kude
kusuke umperisite ene-Urime ne-Tumime.
66 Yonke inklanganiso kwa kunye ibi-
ngamawaka amashumi mane enesibini ana-
makulu matatu anamashumi matandatu,
67 ngapandhle kwezicaka zabo nezicaka-
kazi zabo, ezibe zingamawaka asixenxe
anamakulu matatu anamashumi matatu
anesixenxe: bebenabaculi nabaculikazi
abangamakulu mabini anamashumi mane
anesihlanu kanjako. 68 Amahashe abo
ebengamakulu asixenxe anamashumi ma-
tatu anesitandatu; amaqwarara abo ebe-
ngamakulu mabini anamashumi mane ane-
sihlanu; 69 inkamela *zabo* bezingamakulu
mane anamashumi matatu anesihlanu;
amaqwarashe *abo* ebengamawaka mata-
ndatu anamakulu asixenxe anamashumi
mabini.
70 Bati innxennye kubo bonke abazin-
kloko *zendhlu* zoyise, banika emsebenzini.
Inkosi enkulu yanika endyetyeni, idarike
zegolide zaliwaka linye, *n*ezitya zokufe-
fela zamashumi mahlanu, *n*engubo zaba-
perisite zamakulu mahlanu anamashumi
matatu. 71 Nabazinkloko *zendhlu* zoyise
innxennye banika endyetyeni yomsebenzi,
idarike zegolide zamawaka angamashumi
mabini, nemina zesilivere zamawaka ma-
bini anamakulu mabini. 72 Okwanikwa-
yo ngabanye abantu bekuzidarike zegolide
ezimawaka amashumi mabini, nemina ze-
silivere ezimawaka mabini, nengubo zaba-
perisite ezimashumi matandatu anesixenxe.
73 Bada abaperisite, naba-Levi, nabali-
ndimnyango, nabaculi, nennxennye yaba-
ntu, naba-Netini, no-Sirayeli bonke, ba-
hlala ezixekweni zakowabo: kwati kwa-
kufika innyanga yesixenxe, usapo luka-
Sirayeli beluseziexekweni zalo.

8 BANDULA bonke abantu bazihlanga-
nisela enkundhleni engapambi kwesa-
ngo lamanzi njengomntu 'mnye; bati
ku-Ezera umbàli, ukuba makayizise in-
newadi yomteto ka-Mosesi, lowo UYEHOVA
ubewumisele o-Sirayeli. 2 Waza u-Ezera
umperisite wawuzisa umteto ebusweni ben-
klanganiso, kwa namadoda nabafazi, nabo
bonke abebeqonda ukuva, ngowokuqala
umhla wennyanga yesixenxe. 3 Walese-
sha kuwo pambi kwenkundhla engapambi
kwesango lamanzi, kwa sekukanyeni kwo-
kusa kwada kwasemmini enkulu, ngapambi
kwamadoda nabafazi, nabanokuqonda; zati
indhlebe zabantu bonke *zabekwa* ennewadi-
ni yomteto. 4 Wema u-Ezera umbàli pezu
kwesitulo semiti eside, abebesenzile ngen-
nxa yalondawo: kwema ngakuye u-Mati-
tiya, no-Shema, no-Hanaya, no-Huriya,
no-Hilikiya, no-Mahaseya, ngesokunene
sake; nangesokohlo sake, u-Pedaya, no-
Mishayeli, no-Malekiya, no-Hashume, no-
Hashebadana, *no*-Zekariya, *no*-Meshulame.
5 Waza u-Ezera wavula innewadi pambi
kwamehlo abantu bonke; (ngokuba ebepe-
zulu kubo bonke abantu;) nxa ayivulileyo,
bema abantu bonke. 6 Wandula u-Ezera
wambonga UYEHOVA, UTIXO omkulu. Bape-
ndula bonke abantu, *besiti:* Amene, Ame-
ne! bepakamisa izandhla zabo: baza ba-
toba ngapantsi, bambedesha UYEHOVA, ubuso
bungasemhlabeni. 7 Kekaloku u-Yoshuwa,
no-Bani, no-Sherebiya, *no*-Yamine, *no*-
Hakube, *no*-Shabetai, *no*-Hodiya, *no*-Maha-
seya, *no*-Kelita, *no*-Hazariya, *no*-Yozabadi,
*no*-Hanane, *no*-Pelaya, naba-Levi, babafu-
ndisa abantu umteto: bati abantu bema
endaweni yabo. 8 Baza balesesha ennewa-
dini, emtetweni KATIXO, kwa sekuhleni,
bawucazela, baqondisa ekulesesheni.
9 Wayesiti u-Nehemiya, oyinkosi enku-
lu, no-Ezera umperisite, umbàli, naba-Levi
abafundisayo abantu, kubo bonke abantu:
Lemmini ingcwele KUYEHOVA, UTIXO wenu;
ningabi lusizi, ningalili nokulila. Ngo-
kuba bonke abantu bebelila, nxa bevayo
amazwi omteto. 10 Walekela wati kubo:
Hambani, yityani okutyebileyo, nisele o-
kumnandi, nizitume izabelwa kwabanga-
lungiselwanga 'nto: ngokuba lemmini
ingcwele KWINKOSI yetu: niti kanjako ni-
ngadandateki; ngokuba uvuyo LWOYEHOVA,
lulo amandhla enu. 11 Kanjalo aba-Levi
batutuzela abantu bonke, besiti: Tutuni,
ngokuba immini le ingcwele; ngako ni-
ngadandateki. 12 Bandula bahamba bonke
abantu baya ukutya, nokusela, nokutuma
izabelwa, nokuwenza umgcobo omkulu,
ngennxa yokuba bebeqondile amazwi abe-
shunyayelwe kubo.
13 Nangowesibini umhla, kwahlanga-
niswa abazinkloko *zendhlu* zoyise zabantu
bonke, *n*abaperisite, naba-Levi, beza ku-
Ezera umbàli, ukuze banakane amazwi
omteto. 14 Baza bafumana kubàliwe
emtetweni, ukuba UYEHOVA ebeyalele ngo-
Mosesi, okokuba usapo luka-Sirayeli luya
kuhlala emapempeni ngomtendeleko wen-
nyanga yesixenxe; 15 nokokuba luvaka-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lise ludhlulise nokudhlulisa ilizwi kuzo
zonke izixeko zalo, nase-Yerusaleme, lo-
kuti : Pumani niye ezintabeni, nizise
amasebe eminquma, namasebe emiti yeoli,
namasebe emiti yemutele, namasebe emiti
yepalime, namasebe emiti ebungqingqwa,
kuze kwenziwe amapempe, njengokubàli-
weyo. 16 Basuka bapuma abantu, bawa-
zisa, bazenzela amapempe, abanye ngaba-
nye pezu kwezindhlu zabo, nasemabaleni
abo, nasemabaleni endhlu KATIXO, nasenku-
ndhleni yesango lamanzi, nasenkundhleni
yesango lika-Frayime. 17 Yaza yonke
inklanganiso yababuyileyo ekutinjweni
yawenza amapempe, yahlala emapempeni
lawo : ngokuba belungenzanga usapo luka-
Sirayeli ngokunjalo, kuselokwemihla ka-
Yoshuwa unyana ka-Nune kwada kwa-
ngumhla lowo. Kwaza kwabako umgcobo
omkulu.

18 Kwaye kuleseshwa encwadini yom-
teto KATIXO, immini ngemmini, kweyo-
kuqala immini kwada kwayimmini yoku-
pela. Babamba umtendeleko imihla esi-
xenxe ; nangowesibozo umhla *kwabako*
inklanganisano engcwele, njengesiko.

9 KEKALOKU ngomhla wamashumi ma-
bini anesine walennyanga, kwahla-
nganisana usapo luka-Sirayeli, lunen-
zilo, nengubo ezinklakanklaka, nomhlaba
pezu kwalo. 2 Yaza inzalo ka-Sirayeli
yazahlula kubo bonke abezinnye inklanga,
yema yaxela izono zayo, nenkohlakalo zo-
yise bayo. 3 Bapakama endaweni yokuma
yabo, balesesha encwadini yomteto KA-
YEHOVA, UTIXO wabo, esesine isahluko
semmini ; *nesinye* isahluko sesine, baxela,
bambedesha UYEHOVA, UTIXO wabo. 4 Ba-
suka bema pezu kwendawo epezulu yaba-
Levi, u-Yoshuwa, no-Bani, u-Kadimele,
u-Shebaniya, u-Buni, u-Sherebiya, u-Bani,
*no*-Kenani, bakala ngelizwi elikulu KUYE-
HOVA, UTIXO wabo.

5 Bandula bati aba-Levi, u-Yoshuwa,
no-Kadimele, u-Bani, u-Hashabiniya, u-
Sherebiya, u-Hodiya, u-Shebaniya, *no*-
Petahiya :

Pakamani, bongani UYEHOVA, UTIXO wenu,
kwa kunapakade kude kube ngunapakade :
malibongwe igama lako elibungcwalisa,
elipakanyiselweyo ngapezu konke uku-
bongwa nokudunyiswa. 6 Wena unguye
UYEHOVA wedwa ; nguwe owenzileyo izulu,
izulu lamazulu, nawo wonke umkosi walo ;
umhlaba, nako konke okupezu kwawo ;
ilwandhle, nako konke okukuzo : nguwe
ozilondolozayo zonke ezo*nto* : umkosi we-
zulu uyabedesha wena.

7 Wena unguye UYEHOVA ONGUTIXO, o-
wamqashayo u-Abrame, wamkupa e-Ure
yama-Kaledine, wamtiya igama elingu-
Abrahame ; 8 wayifumana inkliziyo yake
inyanisekile pambi kwako, walwenza naye
ucebano, ukuba ulinike ilizwe laba-Kanane,
*na*ma-Hete, *na*ba-Amori, nama-Perizi, na-
ma-Yebusi, nama-Giregashe, ukuba ulinike
kuyo inzalo yake : waza waqinisa amazwi
ako ; ngokuba ulungile wena : 9 kanjalo
wabona ukubandezelwa kwobawo betu e-
Jipete, nokukala kwabo wakuva ngaselwa-
ndhle olubomvu ; 10 wakupa imiqondiso
nemimangaliso pezu kwake u-Faro, napezu
kwazo zonke izicaka zake, napezu kwabo
bonke abantu belizwe lake : ngokuba ubu-
sazi ukuba benza ngeratshi ngakubo : waza
wazenzela igama, njengokuba *kunjalo* kwa
namhla : 11 nolwandhle wabulucanda pa
mbi kwabo, bada badhlula pakati kwolwa-
ndhle pezu kw*omhlaba* owomileyo ; naba-
tshutshisi babo wabubaposela ezinzu-
lwini, njengelitye emanzini anamandhla :
12 wabubakapa emmini ngentsika yelifu ;
nasebusuku ngentsika yomlilo, baze ba-
kanyiselwe endhleleni abaya kuhamba
ngayo.

13 Kanjako wabusihla pezu kwentaba
ye-Sinai, wateta nabo esezulwini, wabanika
izigwebo ezifaneleyo, nemiteto eyinnene,
imimiselo nemiyalelo elungileyo : 14 ne-
sabata yako engcwele wayazisa kubo ; ne-
miyalelo, nemimiselo, nomteto, wayixela
kubo ngo-Mosesi isicaka sako : 15 nesonka
sivela ezulwini wabusinika kubo ngennxa
yokulamba kwabo, wabapumisela amanzi
eweni ngennxa yokunxanwa kwabo, waba-
xelela ukuba bangene ukufuya ilizwe obu-
pakamisile isandhla sako sokuba ulinike
kubo.

16 Kodwa bona nobawo betu benza
ngeratshi, bazenza lukuni intamo zabo,
abapulapula imiyalelo yako, 17 bala uku-
va, abakumbulela imimangaliso yako obu-
yenzile pakati kwabo : bazenza lukuni
intamo zabo, bati ngenkani yabo badala
inkloko, ukuba babuyele ebukobokeni ba-
bo : kodwa wena UNGUTIXO wezixolelo,
onofefe, onetaru, oqumba kade, onobubele
obukulu ; ngako ubungabashiyanga. 18
Ewe, naxeshekweni bebezenzele itole eli-



University of Fort Hare

Baruke, 7 u-Meshulame, u-Abiya, u-Miya-
mine, 8 u-Mahaziya, u-Biligai, *no*-Shemaya:
aba ngabaperisite.
9 Naba-Levi: ngu-Yoshuwa, unyana
ka-Azaniya, u-Binuwi, konyana baka-
Henadade, u-Kadimele; 10 nabazalwana
babo, u-Shebaniya, u-Hodiya, u-Kelita, u-
Pelaya, u-Hanane, 11 u-Mika, u-Rehobi,
u-Hashabiya, 12 u-Zakure, u-Sherebiya,
u-Shebaniya, 13 u-Hodiya, u-Bani, *no*-
Beninu.
14 Abazinkloko zabantu: ngu-Paroshe,
u-Pahati-mowabi, u-Helami, u-Zatu, u-Bani,
15 u-Buni, u-Hazegadi, u-Bebai, 16 u-Ado-
nija, u-Bigivai, u-Hadine, 17 u-Atere, u-
Hezekiya, u-Hazure, 18 u-Hodiya, u-
Hashume, u-Betsai, 19 u-Harife, u-Hana-
tote, u-Nebai, 20 u-Magipashe, u-Meshu-
lame, u-Hezire, 21 u-Meshezabele, u-Tsa-
doki, u-Yaduwa, 22 u-Pelatiya, u-Hanane,
u-Hanaya, 23 u-Hosheha, u-Hananiya, u-
Hashube, 24 u-Haloheshe, u-Pileha, u-
Shobeke, 25 u-Rehumi, u-Hashabena, u-
Mahaseya, 26 no-Ahiya, u-Hanane, u-Ana-
ne, 27 u-Maluke, u-Harime, *no*-Bahana.
28 Nesisalela sabantu, abaperisite, aba-
Levi, abalindimnyango, abaculi, aba-Netini,
nabo bonke abebezahlule kubo abantu ba-
mazwe ngennxa yomteto KATIXO, abafazi
babo, onyana babo, nentombi zabo, bonke
abebenokwazi *n*okuqonda, 29 babambelela
kubo abazalwana babo, imiduna yabo, ba-
ngena esiqalekisweni, nasesifungweni, so-
kuba bahambe ngomteto KATIXO, obunikwe
ngo-Mosesi isicaka SIKATIXO, nokuba bayi-
gcine bayenze yonke imiyalelo KAYEHOVA,
INKOSI yetu, nezigwebo zake, nezimiselo
zake; 30 nokuba singendisi intombi zetu
kubo abantu belizwe, nentombi zabo singa-
zitabateli onyana betu; 31 nokuba abantu
belizwe bakuzisa impahla nento zonke
zokutya ngomhla wesabata kutengiswe,
singatengi kubo ngesabata, nangomhla
oyingcwele: nokuba siwuyeke umnyaka
wesixenxe, nawo onke amatyala.
32 Kanjako sazimisela imimiso, yokuba
kubekwe pezu kwetu esesitatu isiqingata
seshekele, ngomnyaka ngomnyaka, ngen-
nxa yenkonzo yayo indhlu KATIXO wetu:
33 ngennxa yezonka zokurozwa, nomnikelo
wokudhla ofuti, nangennxa yedini loku-
tshiswa elifuti, *n*elesabata, *n*elennyanga
ezitwasileyo, ngennxa yemitendeleko emi-
siweyo, nangennxa yezinto ezingcwele,
nangennxa yedini lesono lokwenzela o-
Sirayeli uxoliso, na*ngennxa* yawo wonke
umsebenzi wendhlu KATIXO wetu.
34 Saza sawenzela umnikelo wenkuni
amaqashiso, abaperisite, *n*aba-Levi, naba-
ntu, ukuba kuziswe endhlwini KATIXO
wetu, ngendhlu zoyise zetu, ngamaxesha
amiselweyo, umnyaka ngomnyaka, kuze
kutshiswe pezu kwesibingelo SIKAYEHOVA,
UTIXO wetu, njengokubàliweyo emtetweni:
35 ukuba kanjalo kuziswe ilibo zomhlaba
wetu, nelibo zako konke ukuqama kwemiti
yonke, umnyaka ngomnyaka, endhlwini
KAYEHOVA; 36 nokuba amazibulo konyana
betu, nakwizilo zetu, njengokubàliweyo
emtetweni, namazibulo enkomo zetu nawe-
gusha zetu, siwazise endhlwini KATIXO
wetu, kubaperisite abakonzayo endhlwini
KATIXO wetu; 37 nokuba isiqalo senklama
yetu, neminikelo yetu, nesiqamo semiti
yonke, iveyine entsha, neoli, sizizise ku-
baperisite, ezinkambilini zendhlu KATIXO
wetu, nezishumi zomhlaba wetu kuba-
Levi; ngokuba bona aba-Levi benika izi-
shumi, kuzo zonke izixeko zokulima kwetu.
38 Waye umperisite, unyana ka-Arone,
eya kubako naba-Levi, nxa kunikwa aba-
Levi izishumi; baze aba-Levi basinyusele
isishumi lezishumi ezo endhlwini KATIXO
wetu, ezinkambilini zayo indhlu yendyebo:
39 ngokuba usapo luka-Sirayeli, nosapo
luka-Levi, luya kuzisa umnikelo wennqo-
lowa, *n*eveyine entsha, neoli, ezinkambilini,
apo zikoyo impahla zendawo eyingcwele,
nabaperisite abakonzayo, nabalindimnya-
ngo, nabaculi: nendhlu KATIXO wetu asi-
sayi kuyishiya.

11 ZATI inkosi zabantu zahlala e-Yeru-
saleme: nesisalela sabantu, bawenza
amaqashiso okuba kuziswe abe 'mnye kwa-
balishumi ahlale e-Yerusaleme, isixeko
esiyingcwele, nokuba abanye abalitoba
*bahlale* kwe*zinye* izixeko. 2 Baye abantu
betamsanqelisa onke lomadoda azinikelayo
ngokuvuma ukuza kuhlala e-Yerusaleme.
3 Zizo ezi inkloko zasezwaneni ezahlala
e-Yerusaleme: (kekaloku ezixekweni
zakwa-Juda, kwahlala abanye ngabanye
ezimfuyweni zabo, ezixekweni zakowabo,
o-Sirayeli, abaperisite, naba-Levi, naba-
Netini, nosapo lwezicaka zika-Solomone:
4 nase-Yerusaleme kwahlala *innxennye*
kulo usapo luka-Juda, nakulo usapo luka-
Benjamine.)
Kulo usapo luka-Juda: u-Hataya, unya-



University of Fort Hare
Together in Excellence

na ka-Huziya, unyana ka-Zekariya, unyana
ka-Amariya, unyana ka-Shefatiya, unyana
ka-Mahalalele, kulo usapo luka-Faretse;
5 no-Mahaseya, unyana ka-Baruke, unyana
ka-Koleloze, unyana ka-Hazaya, unyana
ka-Hadaya, unyana ka-Yoyaribe, unyana
ka-Zekariya, unyana ka-Shilo. 6 Lwonke
usapo luka-Faretse olwahlala e-Yerusale-
me, ngamakulu mane anamashumi mata-
ndatu anesibozo amadoda akalipileyo.

7 Ngaba abalusapo luka-Benjamine: u-
Salu, unyana ka-Meshulame, unyana ka-
Yohedi, unyana ka-Pedaya, unyana ka-
Kolaya, unyana ka-Mahaseya, unyana
ka-Yitiyeli, unyana ka-Yesaya; 8 nasemva
kwake, u-Gabai, u-Salai; amakulu alitoba
anamashumi mabini anesibozo: 9 u-Joweli,
unyana ka-Zikeri, ebengumongama wabo:
no-Juda, unyana ka-Hasenuwa, ebepezu
kwesixeko esesibini isahlulo.

10 Kubo abaperisite: u-Yedaya unyana
ka-Yoyaribe, u-Yakine, 11 u-Seraya, unya-
na ka-Hilikiya, unyana ka-Meshulame,
unyana ka-Tsadoki, unyana ka-Merayoti,
unyana ka-Ahitube, umpati wendhlu KA-
TIXO; 12 nabazalwana babo, abawenza
umsebenzi wendhlu, amakulu asibozo ana-
mashumi mabini anesibini; no-Hadaya,
unyana ka-Yerohame, unyana ka-Pelaliya,
unyana ka-Ametsi, unyana ka-Zekariya,
unyana ka-Pashure, unyana ka-Malekiya;
13 nabazalwana bake, inkloko *zendhlu* zo-
yise, amakulu mabini anamashumi mane
anesibini; no-Hamashesai, unyana ka-
Hazareli, unyana ka-Ahezai, unyana ka-
Meshilemote, unyana ka-Yimeri; 14 na-
bazalwana babo, amaroti akalipileyo, ikulu
elinamashumi mabini anesibozo: umonga-
ma wabo ebengu-Zabideli, unyana *wo*wa-
bakulu.

15 Nakubo aba-Levi: u-Shemaya, u-
nyana ka-Hashube, unyana ka-Zarikame,
unyana ka-Hashabiya, unyana ka-Buni;
16 no-Shabetai, no-Yozabadi, abapezu
kwomsebenzi wapandhle wendhlu KATIXO,
kubo abazinkloko zaba-Levi; 17 no-Mata-
niya, unyana ka-Mika, unyana ka-Zabedi,
unyana ka-Safa, inkloko eyaqala ukubulela
ekutandazeni; no-Bakebukiya, owesibini
pakati kwabazalwana bake; no-Abeda,
unyana ka-Shamuha, unyana ka-Galali,
unyana ka-Jedutune. 18 Bonke aba-Levi
esixekweni esiyingcwele bebengamakulu
mabini anamashumi asibozo anabane.

19 Nabalindimnyango: u-Hakube, u-
Talimone, nabazalwana babo abagcinayo
amasango, ikulu elinamashumi asixenxe
anesibini.

20 Nesisalela so-Sirayeli, abaperisite,
naba-Levi, bebekuzo zonke izixeko zakwa-
Juda, abanye ngabanye emafeni abo.

21 Bati aba-Netini bahlala e-Hofeli:
u-Tsiha no-Gishepa bebepezu kwaba-
Netini.

22 Kanjalo umongama waba-Levi e-Yeru-
saleme ebengu-Huzi, unyana ka-Bani, u-
nyana ka-Hashabiya, unyana ka-Mataniya,
unyana ka-Mika. Kulo usapo luka-Safa,
abaculi bebepezu kwomsebenzi wen-
dhlu KATIXO. 23 Ngokuba umyalelo
wokumkani ngabo, ubungowokuba abaculi
babe nesabelwa esitile, into yemmini
ngemmini yayo.

24 No-Petahiya unyana ka-Meshezabele,
kulo usapo luka-Zera unyana ka-Juda,
yena ebengecala lokumkani, ngento zonke
zabantu.

25 Nasemizini, kunye nezindhle zayo,
kwahlala innxennye yosapo luka-Juda e-
Kiriyate-areba namagxamesi ayo, nase-
Dibone namagxamesi ayo, nase-Yekabe-
tsele nemizi yayo, 26 nase-Yeshuha, nase-
Molada, nase-Bete-pelete, 27 nase-Hatsare-
shuhali, nase-Beresheba namagxamesi
ayo, 28 nase-Tsikilage, nase-Mekona,
nakuwo amagxamesi ayo, 29 nase-Hene-
rimone, nase-Tsoreha, nase-Yaremute, 30
e-Zanoha, e-Hadulame, na*kuyo* imizi yazo,
e-Lakishe nezindhle zayo, e-Hazeka nama-
gxamesi ayo. Kwamiwa kwa se-Beresheba
kwada kwasesihlanjeni sika-Hinome.

31 Kwahlala nosapo luka-Benjamine
lwase-Geba e-Mikimashe, nase-Haya, nase-
Betele namagxamesi ayo, 32 e-Hanatote,
e-Nobe, e-Hananiya, 33 e-Hatsore, e-Rama,
e-Gitayime, 34 e-Hadidi, e-Tsebohime, e-
Nebalate, 35 e-Lodi, nase-Ono, emhlanjeni
wenncibi.

36 Nakubo aba-Levi *kwahlala innxennye*
ezahlulweni zakwa-Juda, *ne*zakwa-Benja-
mine.

12 ABA ngabaperisite naba-Levi aba-
nyukayo kunye no-Zerubabeli unyana
ka-Shalatiyeli, no-Yoshuwa: u-Seraya, u-
Jeremiya, u-Ezera, 2 u-Amariya, u-Maluke,
u-Hatushe, 3 u-Shekaniya, u-Rehumi, u-
Meremote, 4 u-Hido, u-Ginetoi, u-Abiya,
5 u-Miyamine, u-Mahadiya, u-Bilega, 6
u-Shemaya, no-Yoyaribe, u-Yedaya, 7 u-



University of Fort Hare

Salu, u-Hamoke, u-Hilikiya, *no*-Yedaya.
Aba bebezinkloko zabaperisite, nabazalwa-
na babo, emihleni ka-Yoshuwa.
8 Naba-Levi: u-Yoshuwa, u-Binuwi, u-
Kadimele, u-Sherebiya, u-Juda, *no*-Mata-
niya; ebepezu kwemibulelo, yena nabaza-
lwana bake. 9 Kanjalo u-Bakebukiya
no-Huni, abazalwana babo, bebelunge nabo
ekulindeni. 10 Kekaloku u-Yoshuwa wa-
zala u-Yoyakime, no-Yoyakime wazala u-
Eliyashibe, no-Eliyashibe wazala u-Yoya-
da, 11 no-Yoyada wazala u-Jonatane, no-
Jonatane wazala u-Yaduwa.
12 Nasemihleni ka-Yoyakime bebeko
abaperisite, inkloko *zendhlu* zoyise: oka-
Seraya, ngu-Meraya; oka-Jeremiya, ngu-
Hananiya; 13 oka-Ezera, ngu-Meshulame;
oka-Amariya, ngu-Jehohanane; 14 oka-
Meliku, ngu-Jonatane; oka-Shebaniya,
ngu-Josefe; 15 oka-Harime, ngu-Hadena;
oka-Merayoti, ngu-Helekai; 16 oka-Hido,
ngu-Zekariya; oka-Ginetoni, ngu-Meshu-
lame; 17 oka-Abiya, ngu-Zikeri; oka-
Minyamine, oka-Mohadiya, ngu-Piletai;
18 oka-Bilega, ngu-Shamuha; oka-Shema-
ya, ngu-Jonatane; 19 noka-Yoyaribe,
ngu-Matenai; oka-Yedaya, ngu-Huzi; 20
oka-Salai, ngu-Kalai; oka-Hamoke, ngu-
Hebere; 21 oka-Hilikiya, ngu-Hashabiya;
oka-Yedaya, ngu-Netaneli.
22 Aba-Levi emihleni ka-Eliyashibe,
*no*-Yoyada, no-Johanane, no-Yaduwa, ba-
bàlwa ngokuba zinkloko *zendhlu* zoyise;
kwa nabaperisite, kwada kwako ubuku-
mkani buka-Dariyusi um-Peresiya. 23
Onyana baka-Levi, inkloko *zendhlu* zoyise,
bebebàlelwa encwadini yezikronike, kwa-
da kwasemihleni ka-Johanane unyana ka-
Eliyashibe. 24 Nenkloko zaba-Levi, u-
Hashabiya, u-Sherebiya, no-Yoshuwa unya-
na ka-Kadimele, nabazalwana babo malu-
ngana nabo, badumisa babulela, ngomyalelo
ka-Davide indoda KATIXO, uluhlu malunga-
na noluhlu. 25 U-Mataniya, no-Bakebu-
kiya, u-Hobadiya, u-Meshulame, u-Talimo-
ne, *no*-Hakube, bebengabalindimnyango
begcina isigcino ezinkambilini zokubekela
zamasango. 26 Aba *bebeko* emihleni ka-
Yoyakime, unyana ka-Yoshuwa, unyana
ka-Yotsadaki, nasemihleni ka-Nehemiya
inkosi, no-Ezera umperisite, umbàli.

27 KEKALOKU ekutwasisweni kwo-
donga lwe-Yerusaleme, kwafunwa aba-
Levi, kuzo zonke indawo zabo, ukuba
baziswe e-Yerusaleme, kuze kwenziwe
ukutwasiswa ngokugcoba, nangokubulela,
nangokuvuma, ngesimbali, *na*ngamaculo,
nangehadi. 28 Kwahlanganiswa nonyana
babaculi, kwa nasezweni elibutafa elingqo-
ngayo i-Yerusaleme, nasemizini yama-
Netofati, 29 nase-Bete-gilegale, nasezin-
dhleni zase-Geba ne-Hazamaveti: ngo-
kuba abaculi bebezakele imizi ngokungqo-
nga i-Yerusaleme. 30 Bati abaperisite
naba-Levi bazicokisa; bandula bacokisa
abantu, namasango, nodonga.
31 Ndaza ndenyusa inkosi zakwa-Juda
pezu kwodonga, ndamisa amaqela mabini
amakulu abayenza imibulelo nabahamba
ngokuqoqoza, *elati elinye laya* ngasekunene
pezu kwodonga ngasesangweni lenkunku-
ma: 32 nasemva kwabo kwahamba u-
Hoshaya, nesinye isiqingata senkosi zakwa-
Juda, 33 no-Hazariya, u-Ezera, no-Meshu-
lame, 34 u-Juda, no-Benjamine, no-She-
maya, no-Jeremiya; 35 nakubo onyana
babaperisite benamaxilongo: u-Zekariya,
unyana ka-Jonatane, unyana ka-Shemaya,
unyana ka-Mataniya, unyana ka-Mikaya,
unyana ka-Zakure, unyana ka-Safa; 36
nabazalwana bake, u-Shemaya, u-Hazareli,
u-Milalai, u-Gilalai, u-Mahai, u-Netaneli,
no-Juda, *no*-Hanani, benezinto zokuculisa
zika-Davide indoda KATIXO, u-Ezera umbàli
epambi kwabo. 37 Nangasesangweni lom-
tombo, namalungana nabo, benyuka nge-
zinyukelo zesixeko sika-Davide, apo ku-
nyukayo ukuya eludongeni, ngasenkla
kwendhlu ka-Davide, baya esangweni la-
manzi ngasempumalanga.
38 Nelesibini iqela labayenza imibulelo,
elahamba malungana *nelinye, kwahamba*
mina emva kwalo, nesinye isiqingata saba-
ntu, pezu kwodonga, kwa senkla kwe-
nqaba yamaziko kwada kwaseludongeni
olubanzi; 39 nasenkla kwesango lika-
Frayime, nasenkla kwesango elidala, na-
senkla kwesango lenklanzi, nenqaba ye-
Hananele, nenqaba ye-Meha, kwada
kwalisango legusha: bada bema esangweni
lentolongo.
40 Aza ema amaqela omabini abayenza
imibulelo endhlwini KATIXO, nami, nesinye
isiqingata samagosa kunye nami; 41 na-
baperisite, u-Eliyakime, u-Mahaseya, u-
Minyamine, u-Mikaya, u-Eliwenai, u-Zeka-
riya, *no*-Hananiya, benamaxilongo; 42 no-
Mahaseya, no-Shemaya, no-Elezari, no-
Huzi, no-Jehohanane, no-Malekiya, no-



University of Fort Hare
Together in Excellence

Helami, no-Hezere. Baye abaculi beva-
kalisa, no-Yizeraya umongama. 43 Ka-
njalo ngalommini babinga imibingo emi-
kulu, bagcoba; ngokuba UTIXO ebebagco-
bisile ngomgcobo omkulu: abafazi naba-
ntwana bagcoba nabo: kwaza kwavakala
umgcobo we-Yerusaleme kwada kwakude.

44 KWAYE kupatiswa ngeloxesha aba-
tile pezu kwenkambili, ezendyebo, ezemi-
nikelo, ezelibo, nezezishumi, kuzo kuqo-
kelelwe kuzo okwamasimi asezixekweni,
izabelwa ezimiselwe abaperisite naba-Levi
ngumteto: ngokuba o-Juda bebevuya pezu
kwabaperisite napezu kwaba-Levi abako-
nzayo. 45 Bati nabaculi nabalindimnya-
ngo bagcina isigcinelo SOTIXO wabo, nesi-
gcinelo sokucokisa, njengomyalelo ka-
Davide, *no*ka-Solomone unyana wake: 46
ngokuba emihleni ka-Davide no-Safa, kwa
kudala, bekuko inkloko zabaculi, nengoma
zendumiso nemibulelo KUTIXO. 47 No-
Sirayeli bonke, emihleni ka-Zerubabeli,
nasemihleni ka-Nehemiya, banika izabelwa
zabaculi nabalindimnyango, into yemmini
ngemmini yayo: kanjako bangcwalisela
aba-Levi, naba-Levi bangcwalisela usapo
luka-Arone.

13 NGEXESHA elo kwaleseshwa en-
newadini ka-Mosesi ezindhlebeni za-
bantu: kwaza kwafunyanwa kubàliwe
kuyo, okokuba um-Hamoni, umhlaumbi
um-Mowabi, akayi kungena emhlambini
KATIXO kude kube ngunapakade; 2 ngen-
nxa yokuba bebengezi nesonka namanzi
ukukaulela usapo luka-Sirayeli, nokuba
bebemqesha ngakulo u-Bilame, aze aluqa-
lekise: kodwa UTIXO wetu waguqula isiqa-
lekiso sibe litamsanqa. 3 Kwaza kwati,
nxa bebevile umteto, babahlula bonke aba-
ntu abadityanisiweyo ko-Sirayeli.

4 Kekaloku kungekabiko oku, u-Eliya-
shibe umperisite, obemisiwe pezu kwen-
kambili yendhlu KATIXO wetu, waba ngum-
hlobo ku-Tobiya, 5 wamenzela inkambili
enkulu, apo bekufuda kubekelwa kona
iminikelo yokudhla, *ne*nklakamhlope, nem-
pahla, nezishumi zennqolowa, *ne*zeveyine
entsha, nezeoli, ezibe zimiselwe aba-Levi,
nabaculi, nabalindimnyango; neminikelo
yabaperisite. 6 Kodwa ngalo lonke eli-
*xesha*, ndibe ndingeko e-Yerusaleme: ngo-
kuba ngomnyaka wamashumi matatu ane-
sibini ka-Aretashasheta ukumkani we-
Babilone, bendizile kukumkani; naseku-
peleni kwemihla etile ndacela kukumkani
*ukuba ndibuye*. 7 Ndada ndafika e-Yerusa-
leme, ndaqonda ngenkohlakalo ayenzileyo
u-Eliyashibe ngennxa yake u-Tobiya, ngo-
kumenzela inkambili emabaleni endhlu
KATIXO. 8 Kwaza kwakubi kumi kakulu:
ngako ndakupa zonke impahla zendhlu
zika-Tobiya ngapandhle enkambilini. 9
Ndaxela ke, bazicokisa inkambili: ndaza
ndabuyisela kona impahla zendhlu KATIXO,
kunye nomnikelo wokudhla, nenklaka-
mhlope.

10 Kanjako ndabona ukuba bekunga-
nikwanga izabelwa zaba-Levi: ngokuba
aba-Levi nabaculi, abawenza umsebenzi,
bebesabele abanye ngabanye emasimini
abo. 11 Ndasuka ndapika namagosa, ndati:
Yinina nkuba indhlu KATIXO ishiyiwe?
Ndaza ndabahlanganisa, ndabamisa enda-
weni yokuma yabo. 12 Bandula o-Juda
bonke bazisa isishumi sennqolowa, neseve-
yine entsha, neseoli, ezindaweni zendyebo.
13 Ndaza ndenza abapati pezu kwendawo
zendyebo, u-Shelemiya umperisite, no-
Tsadoki umbàli, no-Pedaya kubo aba-Levi;
nasemva kwabo u-Hanane, unyana ka-
Zakure, unyana ka-Mataniya: ngokuba
bebebalwa ngokuba nennyaniso, ekwaye
kupezu kwabo ukwabela abazalwana babo.

14 Ndikumbule, TIXO wami! ngako
oku, uz' ungacimi izenzo zami ezilungileyo
endizenzeleyo indhlu KATIXO wami, nezi-
gcinelo zayo.

15 Ngalomihla ndabona kwa-Juda aba-
xovulayo isincinezelo seveyine ngesabata,
nabangenisayo izitungu, nabatwesayo ama-
qwarashe; kwa neveyine, nedreyive, na-
makiwane, nemitwalo yonke, abati bayizisa
e-Yerusaleme ngomhla wesabata: ndaza
ndanqìna *ngakubo* ngomhla batengisa uku-
tya ngawo. 16 Kwahlala kona nabase-
Tire, abazisa inklanzi, nento zonke zoku-
tengwa, batengisa elusatsheni luka-Juda,
nase-Yerusaleme, ngesabata. 17 Ndaza
ndapika nemiduna yakwa-Juda, ndati ku-
yo: Yinto nina lento ikohlakeleyo niye-
nzayo, ninceolisa nje umhla wesabata? 18
Abenje njalo na oyihlo benu, waza UTIXO
wabuzisa pezu kwetu bonke obububi, na-
pezu kwesisixeko? nani ke niyawandisa
umsindo pezu kwo-Sirayeli ngokuncolisa
isabata.

19 Kwaza kwati, nxa amasango e-Yeru-
saleme atelwa newalazi ingekafiki icawa,



University of Fort Hare
Together in Excellence

ndaxela ke, kwavalwa ingcango; ndabuya ndaxela ukuba mazingavulwa kude kupele isabata; nakwizicaka zami ndamisa *innxenye* ngasemasangweni, ukuze kungangeniswa namnye umtwalo ngomhla wesabata. 20 Bandula abatengi nabatengisi bezinto zonke zokutengwa balalisa ngapandhle kwe-Yerusaleme, kwakanye umhlaumbi kabini. 21 Ngako ndanqìna ngakubo, ndati kubo: Yinina ukuba nilalise pambi kwodonga? nxa nipinda ukwenje njalo, ndobeka izandhla pezu kwenu. Kuselokwexesha elo bebengezi ngesabata.

22 Ndaza ndaxelela aba-Levi ukuba bazicokise, beze bagcine amasango, kuze kwenziwe 'ngcwele umhla wesabata.

Ndikumbulele oku nako, TIXO wami! ube nenceba kumi ngabo ubuninzi bobubele bako.

23 Kanjako ngalomihla ndabona ama-Juda abezekile abafazi abangama-Ashedodekazi, *n*aba-Hamonikazi, nama-Mowabikazi: 24 bati abantwana bawo innxennye bateta ngesi-Ashedode, bengenakwazi ukuteta ngesi-Juda; *bateta* ngenteto yabantu ngabantu. 25 Ndaza ndapika nawo, ndawatuka, ndabeta amadoda *atile* kuwo, ndancotula innwele zawo, ndawafungisa UTIXO, *ngokuti:* Intombi zenu aniyi kuzendisa konyana babo, nentombi zabo aniyi kuzitabatela onyana benu, *aniyi kuzizeka* nani. 26 Bekungengezizinto na wonayo u-Solomone ukumkani wo-Sirayeli? noko pakati kwezizwe ezininzi akwabiko ukumkani njengaye, owatandwa NGUTIXO wake, wada UTIXO wammisa ukumkani pezu kwo-Sirayeli bonke: kwa yena lowo abafazi bezinnye inklanga bamenza one. 27 Sesiya kupulapula kuni ke na, ukwenza konke okukukohlakala okukulu, senze ngobumenemene ngakuye UTIXO wetu ngokuzeka abafazi bezinnye inklanga?

28 Kekaloku *omnye* konyana baka-Yoyada, unyana ka-Eliyashibe umperisite omkulu, ebengumyeni ku-Sanebalati um-Horonayime: ngako ndamgxota kumi. 29 Kumbula ngabo, TIXO wami! ngennxa yokuba bencolisile ubuperisite, nocebano lwobuperisite, nolwaba-Levi.

30 Kwa njalo ndabacokisa kubo bonke abezinnye inklanga, ndamisa ukulinda kwabaperisite nokwaba-Levi, abanye ngabanye emsebenzini wabo, 31 nokunikelwa kwenkuni ngamaxesha amiselweyo, nokwelibo.

Ndikumbule, TIXO wami! kube kokulungileyo.

# INNCWADI
# KAESETERE.

## ISAHLUKO I.

KWAYE kute emihleni ka-Hasheveroshe, (nguyena 'Hasheveroshe owapata ubukumkani kwa se-Yindiya kwada kwase-Tiyopiya, amazwana alikulu linamashumi mabini anesixenxe:) 2 emihleni leyo, nxa ukumkani u-Hasheveroshe abehleli eteroneni yobukumkani bake, ebise-Shushane kwomkulu, 3 ngowesitatu umnyaka wokupata kwake, wenzela zonke inkosi zake nezicaka zake isidhlo: abamandhla base-Peresiya ne-Medi, inkosi ezinkulu, nenkosi zamazwana, bebepambi kwake, 4 akubonakalisa ubutyebi bobungcwalisa bobukumkani bake, nenkazimlo yobungangamsha bobukulu bake, imihla emininzi, imihla elikulu linamashumi asibozo.

5 Kekaloku kwakuzaliseka imihla leyo, wandula ukumkani wabenzela isidhlo bonke abantu ababeko e-Shushane kwomkulu, kwa nabakulu nabancinane, imihla yasixenxe, ebaleni lomyezo woxande lwokumkani: 6 *amalengalenga alo* ebengaweqiya emhlope, *n*eluhlaza, nezulura, ebotshelelwe ngentambo zeqiya eshiceneyo nesibomvu kuyo imisesane yesilivere nakuzo intsika zamatye amhlope: izihlalo bezizezegolide nezesilivere, pezu kwesandhlalwa samatye abomvu, namhlope, nalubelu, namnyama.



University of Fort Hare
Together in Excellence

7 Kwaye kusezwa ngempahla zegolide,
zingafani impahla ennye nennye; *kwabako*
neveyine enninzi yobukumkani, ngokwe-
sisa sokumkani. 8 Nokusela bekungawo
umteto; akwanyanzelwa 'mntu: ngokuba
bekunjalo ukumkani ebemisele bonke aba-
kulu bendhlu yake, ukuba makwenziwe
ngentando yabanye ngabanye. 9 Kanjako
u-Vashiti ukumkanikazi wenzela abafazi
isidhlo, endhlwini yobukumkani abenayo
ukumkani u-Hasheveroshe.

10 Ngowesixenxe umhla, nxa inkliziyo
yokumkani ibicwayitile ngeveyine, waxe-
lela u-Mehumane, u-Bizeta, u-Harebona,
u-Bigeta, no-Abageta, u-Zetari, no-Kare-
kase, ababusi bosixenxe abakonzayo ebu-
sweni bokumkani u-Hasheveroshe, 11
ukuba bamzise u-Vashiti ukumkanikazi
pambi kwokumkani, enesitsaba sobuku-
mkani, aze abonise abantu nenkosi ubu-
nzwakazi bake: ngokuba ebemhle ukubo-
nakala kwake. 12 Kodwa ukumkanikazi
u-Vashiti wala ukuza ngelizwi lokumkani
*owalitumayo* ngababusi abo: waza ukumka-
ni waqumba kakulu, nomsindo wake wau-
sitsha pakati kwake.

13 Wandula ukumkani wati kwizilumko,
ezibe ziwazi amaxesha: (ngokuba belinjalo
isiko lokumkani ebusweni babo bonke aba-
besazi umteto nokugweba: 14 nabakufupi
kuye, ngu-Kareshena, u-Shetari, u-Ade-
mata, u-Tareshishe, u-Meresi, u-Maresena,
*no*-Memukane, inkosi zosixenxe zase-Pere-
siya ne-Medi ezibe zibona ubuso bokumka-
ni, ezahlala zizezokuqala ebukumkanini:)
15 Kuya kwenziwa 'nto nina kuye uku-
mkanikazi u-Vashiti ngawo umteto, ngen-
nxa yokuba engenzanga ingxelo yokumka-
ni u-Hasheveroshe ngababusi?

16 Waza u-Memukane wati ebusweni
bokumkani nenkosi: u-Vashiti ukumkani-
kazi akonelanga ukumkani yedwa, koko
*oneleyo* zonke inkosi, nabo bonke abantu
abakoyo kuwo onke amazwana okumkani
u-Hasheveroshe. 17 Ngokuba *le*ndawo
yokumkanikazi iya kupumela kubo bonke
abafazi, bade badele amadoda abo eme-
hlweni abo, kwakutiwa: Ukumkani u-
Hasheveroshe waxela ukuba makuziswe
pambi kwake u-Vashiti ukumkanikazi, ka-
nti akeza. 18 Aya kutsho kwa namhla nje
amakosikazi ase-Peresiya ne-Medi, avileyo
indawo yokumkanikazi, kuzo zonke inkosi
zokumkani; kwandul' ukubako ubuninzi
bokudela nomsindo. 19 Ukuba kunga ku-
lungile kukumkani, makupume ilizwi lo-
bukumkani kwa sebusweni bako, malibà-
lwe pakati kwemiteto yama-Peresiya nama-
Medi, lize lingatshitshi, lokokuba u-Vashiti
angez' angene ebusweni bokumkani u-
Hasheveroshe, nobukumkanikazi bake ma-
kabunike ukumkani kummelwanekazi wake
omdhlulayo ngokulunga. 20 Kwoti kwa-
kuvakala umteto wokumkani aya kuwenza
kubo bonke ubukumkani bake, (ngokuba
bukulu bona,) bonke abafazi bowanika
imbeko amadoda abo, kwa namakulu nama-
ncinane.

21 Laye ilizwi elo lilungile emehlweni
okumkani nenkosi; waza ukumkani wenza
ngalo ilizwi lika-Memukane: 22 ngokuba
wazituma innewadi kuwo onke amazwana
okumkani, kwizwana ngezwana ngokubàla
kwalo, nakwabantu ngabantu ngenteto
yabo, zokuba onke amadoda abe nobukosi
ezindhlwini zawo, atete ngenteto yabantu
bakowawo.

2 EMVENI kwezizinto, kwakudamba
umsindo wokumkani u-Hasheveroshe,
wakumbula u-Vashiti, noko abekwenzile,
noko bekugwetyiwe ngaye. 2 Zaza izi-
caka zokumkani ezamkonzayo zati kuye:
Makufunelwe ukumkani intombi zipela,
ezinkle ukubonakala kwazo: 3 makamise
ukumkani amagosa kuwo onke amazwana
obukumkani bake, ukuba ahlanganisele
e-Shushane kwomkulu zonke intombi zi-
pela ezinkle ukubonakala kwazo, endhlwi-
ni yamankazana, ngapantsi kwesandhla
sika-Hegai umbusi wokumkani, umgcini
wamankazana; kanjalo makunikwe izinto
zokuhlanjululwa kwazo: 4 iti intombi elu-
ngileyo emehlweni okumkani ibe nguku-
mkanikazi esikundhleni sika-Vashiti. Ya-
bilungile londawo emehlweni okumkani;
wenje njalo ke.

5 Kwaye kuko e-Shushane kwomkulu
indoda engum-Juda, egama lingu-Modekai,
unyana ka-Yahire, unyana ka-Shimehi,
unyana ka-Kishe, um-Benjamine; 6 ebifu-
dusiwe e-Yerusaleme kunye nabatinjwa
abebefudusiwe no-Yekoniya ukumkani wo-
Juda, lowo u-Nebukanetsare ukumkani
wase-Babilone wamfudusayo. 7 Yati ke
yona yamondhla u-Hadasa, (okwa nguye
u-Esetere, intombi yoyisekazi wayo,)
ngokuba ebengenayise nonina: intombi
leyo ibinkle nangesimilo nangokubonakala,
owati u-Modekai, xeshekweni bebefile



University of Fort Hare
Together in Excellence

uyise nonina, wayitabata ibo yintombi
yake.
8 Kwaza kwati, nxa bekuvakele ilizwi
lokumkani nomteto wake, nanxa intombi
ezininzi bezihlanganiselwe e-Shushane
kwomkulu, ngapantsi kwesandhla sika-
Hegai, kwasiwa no-Esetere endhlwini yo-
kumkani, ngapantsi kwesandhla sika-Hegai
umgcini wamankazana. 9 Yaye intombi
leyo ibilungile emehlweni ake, yazuza
ububele pambi kwake; ngako wanxama
ukuyinika izinto zokuhlanjululwa kwayo,
nezabelwa zayo, nentombi zisixenxe ezazi-
funwa ukuba zinikwe kuyo zivela endhlwi-
ni yokumkani: waza wabeka yona nento-
mbi zayo kwelungileyo *indawo* yendhlu
yamankazana. 10 Ebengaxelanga u-Ese-
tere abantu bake nokwalamana kwake:
ngokuba u-Modekai ebemyalele ukuba
angaxeli. 11 Kekaloku u-Modekai waha-
mba imihla yonke pambi kwebala lendhlu
yamankazana, ukuze akwazi ukupila kuka-
Esetere, nento aya kwenzelwa yona.
12 Kwati kwakufika ixesha lentombi
ngentombi lokuba ingene kukumkani u-
Hasheveroshe, emveni kwokuba ibe ifezile
inyanga ezilishumi linambini, njengesiko
lamankazana; (ngokuba bekunjalo ukuzali-
sekiswa kwemihla yokuhlanjululwa kwazo,
esinye isitandatu sennyanga *kwenziwa* nga-
mafuta emore, nesinye isitandatu sennya-
nga ngezinnandi, nange*zinnye* izinto zoku-
hlanjululwa kwamankazana;) 13 yandula
oko intombi leyo yangena kukumkani:
konke ebikucela yanikwa kuyo, kupume
nayo endhlwini yamankazana kuye en-
dhlwini yokumkani. 14 Ngokuhlwa ya-
ngena, nangokusa yabuyela kweyesibini
indhlu yamankazana, ngapantsi kwesandhla
sika-Shahashegaze umbusi wokumkani, um-
gcini wamashweshwe: akangena kanjako
kukumkani, kupela nxa ukumkani wayiko-
lelayo, *nanxa* ibibizwa ngegama.
15 Kekaloku kwakufika ixesha lika-
Esetere, intombi ka-Abihayili, uyisekazi
ka-Modekai, obemtabatile abe yintombi
yake, lokuba angene kukumkani, akafuna
'nto, kupela oko u-Hegai umbusi woku-
mkani, umgcini wamankazana, wamxele-
layo. Waye u-Esetere wafumana ufefe
emehlweni abo bonke abambonayo. 16
Kwa njalo u-Esetere wasiwa kukumkani
u-Hasheveroshe, endhlwini yake yobuku-
mkani, ngennyanga yeshumi, eyinnyanga
yo-Tebete, ngowesixenxe umnyaka wobu-
kumkani bake. 17 Waza ukumkani wam-
tanda u-Esetere pezu kwawo onke ama-
nkazana; wayefumana ufefe nobubele ebu-
sweni bake ngapezu kwazo zonke intombi;
wada wabeka isitsaba sobukumkani enklo-
kweni yake, wamenza ukumkanikazi esi-
kundhleni sika-Vashiti. 18 Wandula u-
kumkani wenzela zonke inkosi zake nezi-
caka zake isidhlo esikulu, isidhlo sika-
Esetere; kanjalo wenzela amazwana uku-
puula, wapa amabaso, ngokwesisa soku-
mkani.
19 Kwati kwakuhlanganiswa intombi
ngokwesibini, wandula wahlala u-Modekai
esangweni lokumkani. 20 U-Esetere ebe-
ngaxelanga ukwalamana kwake nabantu
bake, njengokuba ebemyalele u-Mode-
kai: ngokuba u-Esetere ebesenza ingxelo
ka-Modekai, njengokuya abesondhliwa
nguye.

21 NGALEYOMIHLA, nxa u-Modekai
ebehlala esangweni lokumkani, baqumba
u-Bigitana no-Tereshe, ababusi ababini
bokumkani, kubo abagcini bomnyango,
bafuna ukwolula isandhla ngakuye uku-
mkani u-Hasheveroshe. 22 Yada yazeka
lonto ku-Modekai, owayishumayela ku-
Esetere ukumkanikazi; wati u-Esetere
wamxelela ukumkani egameni lika-Mode-
kai. 23 Kwati kwakubuzwa indawo leyo,
yafunyanwa njalo ke; ngako baxònywa
bobabini emtini: yaza yabàlwa encwadi-
ni yemicimbi yemihla ngemihla ebusweni
bokumkani.

3 EMVENI kwezizinto ukumkani u-
Hasheveroshe wamenza 'mkulu u-Hama-
ni, unyana ka-Medata, um-Hagagi, wampa-
kamisa, wamisa isihlalo sake ngapezu
kwesazo zonke inkosi ezibe zinaye. 2 Ke-
kaloku zonke izicaka zokumkani, ezibe
zisesangweni lokumkani, zaguqa zaziqubu-
da pambi kwo-Hamani: ngokuba uku-
mkani ebeyalele njalo ngaye. Kodwa
u-Modekai akaguqa, akaziqubuda kanjako.
3 Zaza izicaka zokumkani, ezibe zisesa-
ngweni lokumkani, zati ku-Modekai: Yi-
nina ukuba uwugqite umyalelo woku-
mkani?
4 Kwaye kute, nxa zateta naye imihla
ngemihla, kanti akapulapula kuzo, zandula
zamxelela u-Hamani, ukuze zibone ukuba
amazwi ka-Modekai aya kuma kusinina:
ngokuba ebezixelele ukuba ungum-Juda.



University of Fort Hare
Together in Excellence

5 Wati akubona u-Hamani ukuba u-Mode-
kai akaguqa, nokuba akaziqubuda pambi
kwake, wandula u-Hamani wazala ngumsi-
ndo. 6 Kodwa kwadeleka emehlweni ake
ukwolula isandhla ngakuye u-Modekai ye-
dwa; ngokuba bebexele kuye abantu baka-
Modekai: ngako wafuna u-Hamani uku-
tshabalalisa onke ama-Juda abekubo bonke
ubukumkani buka-Hasheveroshe, abantu
baka-Modekai.

7 Ngennyanga yokuqala, ekwa yinnya-
nga yo-Nisane, ngoweshumi linesibini um-
nyaka wokumkani u-Hasheveroshe, kwa-
wiswa i-Puri, oko kukuti, iqashiso, ebu-
sweni buka-Hamani, kwimmini ngemmini,
nakwinnyanga ngennyanga, *kwada kwakuyo*
eyeshumi linesibini *innyanga*, ekwa yinnya-
nga yo-Adari. 8 Waza u-Hamani wati
kuye ukumkani u-Hasheveroshe: Kuko
abantu abatile betiwe sa bahlukene pakati
kwezizwe, kuwo onke amazwana obuku-
mkani bako; imiteto yabo yahlukile kwe-
yabantu bonke; nemiteto yokumkani aba-
yenzi: ngako akufanelekile kukumkani
ukuba abavume. 9 Ukuba kunga kulu-
ngile kukumkani, makubàlwe ukuba babu-
jiswe: ndandiya kuzilinganisela ezandhle-
ni zabo bawenza umsebenzi, italente zesi-
livere ezingamawaka alishumi, ukuba zizi-
swe ezindyetyeni zokumkani. 10 Waza
ukumkani watula umsesane wake esa-
ndhleni sake, wawunika ku-Hamani, unya-
na ka-Medata, um-Hagagi, utshaba lwama-
Juda. 11 Wayesiti ukumkani ku-Hamani:
Upiwe isilivere leyo, nabantu abo, uze
wenze ngabo njengokulungileyo emehlwe-
ni ako.

12 Kwandula kwabizwa ababàli bo-
kumkani, ngoweshumi linesitatu umhla
wennyanga yokuqala, kwabàlwa ke, nje-
ngako konke abeyalela ngako u-Hamani,
kuzo inkosi ezinkulu zokumkani, nakuzo
inkosi ezibe zipezu kwezwana ngezwana,
nakubo abapati babantu ngabantu, izwana
ngezwana njengokubàla kwalo, nabantu
ngabantu njengenteto yabo: kwaye ku-
bàlwa egameni lokumkani u-Hasheveroshe,
kwancanyatiselwa ngomsesane wokumkani
kanjalo. 13 Kwaza kwatunywa innewadi
ngezigidimi kuwo onke amazwana oku-
mkani, zokuba kutshatyalaliswe, kubulawe,
kubujiswe bonke abangama-Juda, kwa
nabatsha nabadala, intsapo nabafazi,
emhleni 'mnye, koweshumi linesitatu
*umhla* wennyanga yeshumi linesibini,
eyinnyanga yo-Adari, nokuba kupangwe
amaxoba abo. 14 Isitsho sesibàlo besise-
sokuba kunikwe umteto kuwo onke ama-
zwana ngamanye, utyileka kubo bonke
abantu, ukuba babe belungile ngomhla
lowo. 15 Izigidimi zapuma ke, zinxanyi-
siwe lilizwi lokumkani; wati umteto lowo
wanikwa nase-Shushane kwomkulu. Baza
ukumkani no-Hamani bahlala pantsi uku-
sela; kodwa isixeko se-Shushane besixa-
kekile.

4 WATI u-Modekai akukwazi konke o-
kube kwenziwe, wandula u-Modekai
warazula izivato zake, wambata inklaka-
nklaka notutu, wapuma waya pakati kwe-
sixeko, wakala ngesikalo esikulu esirara;
2 weza kude kwapambi kwesango loku-
mkani: ngokuba bekungengenwe 'muntu
esangweni lokumkani eyambete inklaka-
nklaka. 3 Nakuwo onke amazwana nga-
manye, apo kwafika kona ilizwi lokumkani
nomteto wake, *bekuko* usizi olukulu pakati
kwama-Juda, nokuzila ukutya, nokulila,
nesijwili; bati abaninzi balala pezu
kwenklakanklaka notutu.

4 Zandula zeza izicakazana zika-Esetere
nababusi bake, bamxelela. Waza ukumka-
nikazi waba 'buhlungu kakulu; watuma
izivato ukuba kuvatiswe u-Modekai, noku-
ba kususwe kuye inklakanklaka yake;
kodwa akazamkela. 5 Wandula u-Esetere
wambiza u-Hataki, owababusi bokumkani,
lowo abemmisele ukukonza kuye, wamya-
lezela ku-Modekai, kuze kwaziwe lento
ukuba iyinto nina, nokuba inganina. 6
Wapuma u-Hataki waya ku-Modekai, emku-
ndhleni yesixeko ebipambi kwesango loku-
mkani. 7 Waza u-Modekai wamxelela ko-
nke obekumhlile, nesishumayelo sesilivere
abete u-Hamani uya kuyilinganisela ezin-
dyetyeni zokumkani ngenxa yama-Juda,
ukuze abujiswe. 8 Nesitsho sesibàlo som-
teto esibe sinikwe e-Shushane, sokuba
atshatyalaliswe, wasinika kuye, ukuze
ambonise u-Esetere, amshumayeze, amya-
lele ukuba angene kukumkani ukutaruzisa
kuye, nokubongozela abantu bake ebu-
sweni bake. 9 Wasuka weza u-Hataki
wamxelela u-Esetere amazwi ka-Modekai.

10 Wabuya wateta u-Esetere ku-Hataki,
wamyalezela ku-Modekai, *esiti:* 11 Ziyazi
zonke izicaka zokumkani, nabantu bama-
zwana okumkani, ukuba umntu, nokuba
uyindoda nokuba uyinkazana, osukuba



University of Fort Hare

engena kukumkani ekusini lapakati, ongabizwanga, ngumteto wake umnye ukuba afiswe, ngapandhle kwalowo aya kuti ukumkani olulele kuye intonga yegolide, aze apile: kodwa mina, andibizwanga ukuba ndingene kukumkani kuse kuntsuku ezimashumi matatu. 12 Bamxelela ke u-Modekai amazwi ka-Esetere.

13 Waza u-Modekai wati ukupendula ku-Esetere: Ningabi pakati kwako uya kusinda wena endhlwini yokumkani, ngapezu kwawo onke ama-Juda. 14 Ngokuba nxa ugqibela ukuti cwaka ngelixesha, kwopakamela ama-Juda umciza nosindiso luvela kwiyimbi indawo; kodwa wena nendhlu kayihlo niya kububa: ngubanina ke owaziyo, ukuba akufikelanga na ebukumkanini ngenxa yexesha elinjengeli?

15 Waza u-Esetere wati ukupendula ku-Modekai: 16 Hamba, hlanganisa onke ama-Juda akoyo e-Shushane, nenze inzilo ngenxa yami, nize ningadhli ningaseli nokusela imihla ibe mitatu, ebusuku nasemini: kanjalo nami, nezicakazana zami, siya kuyenza inzilo enjalo; ndandule ukungena ngokunjalo kukumkani, okungalungelene nomteto: ukuba ke ndiyabuba, ndiyabuba. 17 Waza wemka u-Modekai, wenza ngako konke u-Esetere wabemyalela ngako.

5 Kwaye kute ngowesitatu umhla, wandula wambata u-Esetere *izivato* zobukumkani, wema kwelapakati ikusi lendhlu yokumkani, malungana nendhlu yokumkani: waye ukumkani ehleli esihlalweni sake sobukumkani, ngasendhlwini yobukumkani, malungana nocango lwendhlu. 2 Kwaza kwati, nxa ukumkani wambona u-Esetere ukumkanikazi emi ekusini, waselezuza ufefe emehlweni ake: wasuka ukumkani wayolulela ku-Esetere intonga yegolide ebisesandhleni sake; waza wasondela u-Esetere wapata inncame yentonga. 3 Wayesiti ukumkani kuye: Ufuna 'nto nina, kumkanikazi 'Esetere? siyinto nina isikungo sako? sonikwa kuwe nakude kube sisiqingata sobukumkani. 4 Wayesiti u-Esetere: Ukuba kunga kulungile kukumkani, makeze ukumkani no-Hamani namhla esidhlweni endimlungisele sona. 5 Wandula wati ukumkani: Nxamisani u-Hamani, ukuba enze ngalo ilizwi lika-Esetere. Kwa njalo ukumkani no-Hamani beza esidhlweni abesilungisile u-Esetere. 6 Waza ukumkani wati ku-Esetere, esidhlweni seveyine: Siyinto nina isicelo sako? sesiya kunikwa kuwe; siyinto nina nesikungo sako? siya kufezwa nakude kube sisiqingata sobukumkani. 7 Wapendula u-Esetere, wati: Isicelo sami nesikungo sami *sesokuti:* 8 Ukuba ndifumene ufefe emehlweni okumkani, nokuba kunga kulungile kukumkani ukunika isicelo sami, nokufeza isikungo sami, makeze ukumkani no-Hamani esidhlweni endiya kubalungisela sona, ndandiya kuti ngomso ndenze ngalo ilizwi lokumkani.

9 WAZA u-Hamani wapuma ngalommini evuya, enenkliziyo ecwayitileyo: kodwa xeshekweni u-Hamani wambona u-Modekai esangweni lokumkani, ukuba akasuki, nokuba akashukumi ngenxa yake, waselezala ngumsindo u-Hamani ngakuye u-Modekai. 10 Wazinyanzela u-Hamani noko, weza endhlwini yake: waza watuma wabiza izihlobo zake, no-Zereshe umfazi wake. 11 Wandula u-Hamani wababalisela ubungcwalisa bobutyebi bake, nobuninzi babantwana bake, nako konke ukumkani abemenze 'mkulu ngako, nokokuba ebempakamisile ngapezu kwenkosi nezicaka zokumkani. 12 Walekela wati u-Hamani: Ewe, u-Esetere ukumkanikazi akangenisa 'mntu kunye nokumkani esidhlweni abesilungisile, kupela mina; kanjalo nangomso ndimenyelwe kuye kunye nokumkani. 13 Kodwa konke oku akundincedi 'luto, nxa ndisabona u-Modekai um-Juda ehleli esangweni lokumkani. 14 Waza wati kuye u-Zereshe umfazi wake, nazo zonke izihlobo zake: Makulungiswe umti ube zikubite ezimashumi mahlanu ubude bawo, uti kwakusa utete kukumkani ukuba u-Modekai makaxònywe pezu kwawo; wandule ungene nokumkani esidhlweni unokuvuya. Yabilungile lento ku-Hamani, wawulungisa umti.

6 Ngobobusuku ukumkani wemkelwa butongo; waza waxela ukuba kuziswe incwadi yezikumbuzelo, eyemicimbi yemihla ngemihla, eyabileseshwa ebusweni bokumkani. 2 Kwafunyanwa kubàliwe okokuba u-Modekai ebeshumayele ngo-Bigitana no-Tereshe, ababusi ababini bokumkani, kubo abagcini bomnyango, abafuna ukwolula isandhla ngakuye ukumkani u-Hasheveroshe.

3 Wayesiti ukumkani: Yiyipina imbeko



University of Fort Hare

nobukulu obenziweyo ku-Modekai ngennxa
yoku? Zaza izicaka zokumkani, ezakonza
kuye, zati: Akwenziwanga 'nto kuye. 4
Wayesiti ukumkani: Ngubanina osebale-
ni? (Kekaloku u-Hamani ebefikile eba-
leni langapandhle lendhlu yokumkani,
ukuza kuteta naye ukuba amxòme u-Mode-
kai pezu kwomti abemlungisele wona.) 5
Zaza izicaka zokumkani zati kuye: Na-
nkuya u-Hamani emi ebaleni. Wayesiti
ukumkani: Makangene.
6 Waza u-Hamani wangena. Wayesiti
ukumkani kuye: Kuya kwenziwa 'nto nina
kulondoda ukumkani ayitandayo imbeko
yayo? Wandula u-Hamani wati enklizi-
yweni yake: Ngubanina atanda ukumkani
ukumenzela imbeko ngapandhle kwami?
7 Ngako u-Hamani wati kukumkani:
Indoda, ayitandayo ukumkani imbeko ya-
yo, 8 makuyiziselwe isivato sobukumkani
avata ngaso ukumkani, nehashe akwela
ukumkani pezu kwalo; nesitsaba sobuku-
mkani masibekwe enkloko yayo: 9 kuze
kunikwe esosivato nelohashe esandhleni
sennye kuzo inkosi ezinkulu zokumkani,
kuvatiswe indoda leyo ukumkani ayi-
tandayo imbeko yayo, kwenzwe ukuba
ikwele pezu kwehashe ihambe esitara-
teni sesixeko, kudandulukwe pambi kwa-
yo *ngokuti:* Kuya kwenjwa njalo kwin-
doda leyo ukumkani ayitandayo imbeko
yayo.
10 Waza ukumkani wati ku-Hamani:
Nxama, utabate isivato eso nehashe elo,
njengokuba utshilo, uze wenje njalo ku-
Modekai um-Juda, ohleliyo esangweni lo-
kumkani: mayingatshitshi nannye into
kuko konke ukutetileyo.
11 Wandula u-Hamani watabata eso-
sivato nelohashe, wamvatisa u-Modekai,
wamkwelisa ahambe esitarateni sesixeko,
wadanduluka pambi kwake *ngokuti:* Kuya
kwenjwa njalo kwindoda leyo ukumkani
ayitandayo imbeko yayo.
12 Wabuya u-Modekai waya esangweni
lokumkani. Kodwa u-Hamani wanxamela
ukuya endhlwini yake, elusizi, egqubutele
inkloko. 13 Waza u-Hamani wambalisela
u-Zereshe umfazi wake, nazo zonke izihlo-
bo zake, konke obekumhlile. Ayesiti
kuye amalumko ake, no-Zereshe umfazi
wake: Ukuba u-Modekai ungowenzalo
yama-Juda, osel' uqalile ukuwa pambi
kwake, akusayi kumeyisa, koko uya kuwa
ngennyaniso pambi kwake.

14 NXA basateta naye, kwafika ababusi
bokumkani, banxama ukumzisa u-Hamani
esidhlweni abesilungisile u-Esetere.
7 Wandula wangena ukumkani no-Hama-
ni ukusela no-Esetere ukumkanikazi.
2 Wayesiti ukumkani ku-Esetere, nangom-
hla wesibini, esidhlweni seveyine: Siyin-
to nina isicelo sako, kumkanikazi 'Ese-
tere? sesiya kunikwa kuwe; siyinto nina
nesikungo sako? siya kufezwa nakude
kube sisiqingata sobukumkani.
3 Wandula wapendula u-Esetere uku-
mkanikazi, wati: Ukuba ndifumene ufefe
emehlweni ako, kumkani! nokuba kunga
kulungile kukumkani, mandinikwe ubomi
bami ngesicelo sami, nabantu bami ngesi-
kungo sami: 4 ngokuba sitengelwe, mina
nabantu bami, ukutshatyalaliswa, ukubu-
lawa, nokubujiswa. Ukuba kodwa sibe
sitengelwe ukuba ngamakonza namakonza-
kazi, bendiya kuti cwaka, nangona utshaba
lungenako ukwenzelelela ukwonakala kwo-
kumkani.
5 Waza wapendula ukumkani u-Ashe-
veroshe, wati ku-Esetere ukumkanikazi:
Ngubanina lo, upina lo, onkliziyo imka-
lipisile ukwenje njalo? 6 Wayesiti u-
Esetere: Utshaba nempi ngu-Hamani
lo okohlakeleyo. Wandula woyika u-
Hamani ebusweni bokumkani nokumkani-
kazi.
7 Wesuka ukumkani ngomsindo wake
esidhlweni seveyine, *waya* emyezweni wo-
xande: wema no-Hamani, ukuba abongo-
zele ubomi bake ku-Esetere ukumkanikazi;
ngokuba ebebona ukuba ububi bugqityiwo
ngakuye ngukumkani.
8 Wati akubuya ukumkani emyezweni
woxande ukuza endhlwini yesidhlo seve-
yine, kekaloku u-Hamani ebewile pezu
kwomandhlalo u-Esetere abepezu kwawo.
Wandula wati ukumkani: Kanene uya
kumdhlwengula ukumkanikazi na enami
endhlwini? Lisapuma ilizwi emlonyeni wo-
kumkani, bagubungela ubuso buka-Hamani.
9 Wayesiti u-Harebona, omnye kubo aba-
busi, ebusweni bokumkani: Kanjako bona
ke, lomti u-Hamani wawenzela u-Modekai,
obetetele ukumkani okulungileyo, umi
endhlwini ka-Hamani, uzikubite ezima-
shumi mahlanu ubude bawo. Wati ke
ukumkani: Mxòmeni pezu kwawo. 10
Baza bamxòma u-Hamani emtini abewulu-
ngisele u-Modekai. Kwand' ukudamba
umsindo wokumkani.



University of Fort Hare
Together in Excellence

8 Ngalommini ukumkani u-Hasheveroshe
wanika u-Esetere ukumkanikazi in-
dhlu ka-Hamani, utshaba lwama-Juda:
no-Modekai yena weza ebusweni bokumka-
ni; ngokuba u-Esetere ebexele into uyiyo
kuye. 2 Waza ukumkani watula umsesane
wake abewususile ku-Hamani, wawunika
ku-Modekai. Kanjalo u-Esetere wambeka
u-Modekai pezu kwendhlu ka-Hamani.

3 WALEKELA u-Esetere wateta ebu-
sweni bokumkani, wawa ngasezinnyaweni
zake, walila innyembezi, wataruzisa kuye
ukuba akwelelise ububi buka-Hamani um-
Hagagi, neqinga lake waliqingayo ngaku-
wo ama-Juda. 4 Wandula ukumkani
wayolulela ku-Esetere intonga yegolide.
Waselesuka u-Esetere, wema pambi kwo-
kumkani, 5 wati: Ukuba kunga kulungile
kukumkani, nokuba ndifumene ufefe ebu-
sweni bake, nokuba ifanelekile lento pambi
kwokumkani, nokuba ndikolekile mina
emehlweni ake, makubàlwe ukuba kubu-
yiswe incwadi *n*eqinga lika-Hamani u-
nyana ka-Medata, um-Hagagi, owabàlayo
ukuba kubujiswe ama-Juda akuwo onke
amazwana okumkani. 6 Ngokuba ndingati
nina ukuba namandhla okuba ndibone
ububi obuya kuhlela abantu bami? ndi-
ngati nina kanjalo ukuba namandhla
okuba ndibone imbujiswa yezalamane
zami?

7 Waza wati ukumkani u-Hasheveroshe
kuye u-Esetere ukumkanikazi, nakuye u-
Modekai um-Juda: Bona ke, indhlu ka-
Hamani ndiyinikile ku-Esetere, naye yena
bamxòmile emtini, ngenxa yokuba wo-
lula isandhla sake ngakuwo ama-Juda. 8
Bàlelani ama-Juda nani, njengoko kulungi-
leyo emehlweni enu, egameni lokumkani,
nincamatisele ngomsesane wokumkani:
ngokuba isibàlo, esibàliweyo egameni lo-
kumkani, nesincanyatiselweyo ngomsesane
wokumkani, kungeko 'mntu ongasibuyi-
sayo.

9 Kwandula kwabizwa ababàli boku-
mkani ngexesha elo, ngennyanga yesitatu,
ekwa yinnyanga yo-Sivane, ngowamashumi
mabini anesitatu *umhla* wayo; kwaza kwa-
bàlwa ngako konke wakuyalelayo u-Mode-
kai, kuma-Juda, nakuzo inkosi ezinkulu,
nenkosi nabapati bamazwana, *atabata* e-
Yindiya kude kwase-Tiyopiya, amazwana
alikulu linamashumi mabini anesixenxe,
izwana ngezwana njengokubàla kwalo,
nabantu ngabantu njengenteto yabo; na-
kuwo ama-Juda, njengokubàla kwawo, na-
njengenteto yawo.

10 Kwaye kubàlwa ke egameni loku-
mkani u-Hasheveroshe, kwancanyatiselwa
ngomsesane wokumkani kanjalo; kwaza
kwatunywa incwadi ngesandhla sezigidi-
mi pezu kwamahashe, zikwele emahasheni
anamendu, *nas*emaqwarareni, amatole ama-
hashekazi: 11 zokuba ukumkani wavumela
ama-Juda, akuzo zonke izixeko ngazinye,
ukuzihlanganisa, nokupakamela ubomi ba-
wo, ukutshabalalisa, ukubulala, nokububisa,
onke amandhla abantu nezwana, abaya
kuwapata ngobutshaba, intsapo nabafazi,
nokupanga amaxoba abo, 12 emhleni 'mnye,
kuwo onke amazwana okumkani u-Hashe-
veroshe, koweshumi linesitatu *umhla* wen-
nyanga yeshumi linesibini, ekwa yinnya-
nga yo-Adari.

13 Isitsho sesibàlo besisesokuba kuni-
kwe umteto kuwo onke amazwana ngama-
nye, utyileka kubo bonke abantu; nokuba
ama-Juda abe elungile ngomhla lowo, ukuzo
azipindezelele ezintshabeni zawo. 14 Ke-
kaloku izigidimi, zikwele emahasheni ana-
mendu *nas*emaqwarareni, zapuma zikaule-
zisiwe zinxanyisiwe nokunxanyiswa lilizwi
lokumkani. Kwanikwa lomteto e-Shusha-
ne kwomkulu.

15 Waza u-Modekai wapuma ebusweni
bokumkani, enesivato sobukumkani seqiya
ezulura nemhlope, nesitsaba esikulu sego-
lide, nengubo yeqiya eshiceneyo nebomvu:
sati isixeko se-Shushane sagcoba, savuya. 16
Ama-Juda ebenokukanya, novuyo, nomgco-
bo, nembeko. 17 Nakuwo onke amazwana
ngamanye, nakuzo zonke izixeko ngazinye,
apo lisukuba lafikela kona ilizwi lokumka-
ni nomteto wake, ama-Juda ebenovuyo
nomgcobo, ebenesidhlo nomhla omnandi.
Baza abaninzi ebantwini belizwe baba
ngama-Juda; ngokuba ukwoyikwa kwama-
Juda bekuwile pezu kwabo.

9 KEKALOKU ngennyanga yeshumi li-
nesibini, ekwa yinnyanga yo-Adari,
ngoweshumi elinesitatu umhla wayo, oku-
ya bekuza kufika ukwenziwa kwelizwi
lokumkani nomteto wake, ngomhla ezati
intshaba zama-Juda zatembela ukuba zibe
namandhla pezu kwawo, (kodwa kwagu-
qulwa oko, ngokuba ama-Juda wona ebe-
namandhla pezu kwabatiyi bawo,) 2 ahla-
nganisana ama-Juda ezixekweni zawo,



University of Fort Hare
Together in Excellence

kuwo onke amazwana okumkani u-Hashe-
veroshe, ukuze abeke isandhla pezu kwabo
bakufunayo ukwenzakala kwawo: akwa-
biko 'mntu obenako ukuma ebusweni ba-
wo; ngokuba ukwoyikwa kwawo bekuwile
pezu kwabobantu bonke. 3 Kanjalo aba-
pati bamazwana, nenkosi ezinkulu, nen-
kosi, nabo bawenza umsebenzi wokumkani,
bawanceda ama-Juda; ngokuba ukwoyi-
kwa kuka-Modekai bekuwile pezu kwabo:
4 ngokuba ebemkulu u-Modekai endhlwini
yokumkani, nodumo lwake lwapumela
kuwo onke amazwana: ngokuba lendoda,
u-Modekai, yamana yaba nkulu.

5 Aza ama-Juda abeta zonke intshaba
zawo ngokubeta kwerele, nangesibulalo,
nangembubiso, enza ngokutanda kwawo
kubo abatiyi bawo. 6 Nase-Shushane
kwomkulu ama-Juda abulala abubisa ama-
doda amakulu mahlanu. 7 No-Paresha-
ndata, no-Dalifone, no-Asepata, 8 no-Porata,
no-Adaliya, no-Aridata, 9 no-Paremasheta,
no-Arisai, no-Aridai, no-Vayezata, 10 onya-
na boshumi baka-Hamani unyana ka-
Medata, utshaba lwama-Juda, ababulala;
kodwa impango akabeka izandhla zawo
pezu kwayo.

11 Ngalommini kwaziswa pambi kwo-
kumkani inani lababuleweyo e-Shushane
kwomkulu. 12 Waza ukumkani wati ku-
Esetere ukumkanikazi: e-Shushane kwom-
kulu ama-Juda abulele abubisa amadoda
amakulu mahlanu, nonyana boshumi baka-
Hamani; enze 'nto nina kuwo amanye
amazwana okumkani? kekaloku siyinto
nina isicelo sako? sesiya kunikwa kuwe:
siseyinto nina isikungo sako? siya kwe-
nzwa ke.

13 Wandula wati u-Esetere: Ukuba
kunga kulungile kukumkani, makuvunye-
lwe ama-Juda ase-Shushane nangomso,
ukuba enze ngawo umteto wanamhla, no-
nyana boshumi baka-Hamani mabaxònywe
emtini. 14 Waxela ukumkani ukuba ma-
kwenjwe njalo: kwaza kwanikwa umteto
e-Shushane, kwaxònywa onyana boshumi
baka-Hamani. 15 Ahlanganisana ke ama-
Juda ase-Shushane nangoweshumi linesine
umhla wennyanga yo-Adari, abulala ama-
doda amakulu matatu e-Shushane; kodwa
impango akabeka izandhla zawo pezu
kwayo.

16 Kanjalo amanye ama-Juda abesema-
zwaneni okumkani ahlanganisana, apaka-
mela ubomi bawo, apumla ezintshabeni
zawo, abulala kubatiyi bawo amawaka
angamashumi asixenxe enesihlanu, (kodwa
impango akabeka izandhla zawo pezu
kwayo,) 17 ngoweshumi linesitatu umhla
wennyanga yo-Adari; nangoweshumi eli-
nesine umhla wayo apumla ke, awenza
wona umhla wesidhlo novuyo. 18 Kodwa
ama-Juda abese-Shushane ahlanganisana
ngoweshumi linesitatu *umhla* wayo, nango-
weshumi linesine *umhla* wayo; apumla ke
ngoweshumi linesihlanu *umhla* wayo, awe-
nza wona umhla wesidhlo novuyo. 19
Ngako oko ama-Juda asemizini, lawo ahlala
ezixekweni zapandhle, awenza oweshumi
linesine umhla wennyanga yo-Adari owo-
vuyo nesidhlo, nomhla omnandi, nowoku-
tumelana izabelwa.

20 WAZA u-Modekai wabàla ezizinto,
wazituma innewadi kuwo onke ama-Juda
abekuwo onke amazwana okumkani u-
Hasheveroshe, lawo akufupi nalawo akude,
21 ukuze kuqiniswe pezu kwawo, ukuba
abambe oweshumi linesine umhla wen-
nyanga yo-Adari, noweshumi linesihlanu
umhla wayo, kuyo yonke iminyaka ngami-
nye, 22 njengokuba iyimihla apumla ngayo
ama-Juda ezintshabeni zawo, nennyanga
ebekuwaguqulelwa usizi lwaba luvuyo,
nolilo lwaba ngumhla omnandi: ukuba
ayenze yona imihla yesidhlo novuyo, ne-
yokutuma izabelwa omnye komnye, nama-
baso kumahlwempu. 23 Aza ama-Juda
avuma ukwenza njengokuqala kwawo, na-
njengokuba u-Modekai ebebàlile kuwo;
24 ngennxa yokuba u-Hamani unyana ka-
Medata, um-Hagagi, utshaba lwawo onke
ama-Juda, ebeqingile ngakuwo ama-Juda
ukuwabubisa, nokuba ebewisile i-Puri, oko
kukuti, iqashiso, ukuwatshabalalisa, noku-
wabubisa; 25 kodwa akungena *u-Esetere*
ebusweni bokumkani, waxela ngennewadi,
ukuba iqinga lake elikohlakeleyo, owaliqi-
ngayo ngakuwo ama-Juda, libuyele pezu
kweyake inkloko, nokuba kuxònywe yena
nonyana bake emtini. 26 Kukona ke
kwabizwa imihla le ngokuti yi-Purime,
ngegama le-Puri. Ngako oko, ngennxa
yawo onke amazwi alennewadi, *nangennxa*
yoko abekubonile ngalondawo, noko obe-
kuwahlele, 27 aqinisa atabata ama-Juda
pezu kwawo, napezu kwenzalo yawo, na-
pezu kwabo bonke abaya kuzibandakanye-
la kubo, kuze kungatshitshi, ukuba oyi-
bamba lemihla yomibini, ngokubàlwa



University of Fort Hare
Together in Excellence

kwayo, nangomzuzu wayo, kuyo yonke imi-
nyaka ngaminye; 28 nokuba lemihla iku-
njulwe igcinwe kuzo zonke izizukulwana
ngazinye, isizalwane ngesizalwane, izwana
ngezwana, isixeko ngesixeko; nokuba lemi-
hla ye-Purime ingatshitshi pakati kwama-
Juda, nenkunjulwa yayo ingapeli kwinzalo
yawo.

29 Wandula wabàla u-Esetere ukumka-
nikazi, intombi ka-Abihayili, no-Modekai
um-Juda, ngegunya lonke, ukuqinisa len-
newadi yesibini ye-Purime. 30 Wazitu-
ma ke innewadi kuwo onke ama-Juda,
kuwo amazwana alikulu linamashumi ma-
bini anesixenxe obukumkani buka-Hashe-
veroshe, amazwi oxolo nennyaniso: 31 u-
kuze kuqiniswe lemihla ye-Purime ngemi-
zuzu yayo, njengokuba ebeqinisile pezu
kwawo u-Modekai um-Juda, no-Esetere
ukumkanikazi, nanjengokuba ebeqinisile
pezu kwawo wona napezu kwenzalo yawo,
indawo zokuzila ukutya nezokukala kwawo.
32 Ezindawo ze-Purime ingxelo ka-Esetere
yaziqinisa; yabàlwa nasennewadini.

10 KEKALOKU ukumkani u-Hasheve-
roshe wabeka pezu kwelizwe, na*pezu*
kweziqiti zolwandhle, ukunikela. 2 Nazo
zonke izenzo zegunya lake nezamandhla
ake, nesishumayelo sobukulu buka-Mode-
kai, obo ukumkani wamenza 'mkulu ngabo,
azibàlwanga na zona ennewadini yemi-
cimbi yemihla ngemihla yokumkani be-
Medi ne-Peresiya? 3 Ngokuba u-Modekai
um-Juda ebengowasemva kwokumkani u-
Hasheveroshe, emkulu pakati kwama-Juda,
ebukekile kwisininzi sabazalwana bake,
efuna ubutamsanqa babantu bake, eteta
uxolo kuyo yonke inzalo yake.

# INNEWADI

# KAJOBI.

## ISAHLUKO I.

KWAYE kuko indoda elizweni le-Hutse,
igama layo ngu-Jobi. Indoda leyo
ibiyefezekileyo, nelungisayo, neyoyikayo
UTIXO, nepambukayo enkohlakalweni. 2
Kwaye kuzalelwe yona onyana abasixenxe
nentombi ezintatu: 3 nemfuyo yayo ibizi-
gusha ezingamawaka asixenxe, nenkamela
ezingamawaka matatu, nezibini zenkabi
ezingamakulu mahlanu, namaqwarashekazi
angamakulu mahlanu, nento enninzi ka-
kulu yezicaka: kanjalo indoda leyo ibi-
nkulu kuwo onke amadoda asempumala-
nga.

4 Kekaloku onyana bayo bahlala bese-
nza izidhlo ezindhlwini zabanye ngabanye
ngemihla yabo; baza batuma bamema
odade babo bobatatu, ukuba beze ukutya
nokusela nabo. 5 Kwaye kute, kwakuba
kuzungulezisiwe imihla yezidhlo ezo, wa-
ndula watuma u-Jobi wabangcwalisa, wa-
vuka kusasa, wanikela amadini okutshiswa
ngenani labo bonke; ngokuba ebesiti
u-Jobi: Kungati onyana bami bonile,
bamgxeka UTIXO ezinkliziyweni zabo. We-
nje njalo u-Jobi onke amaxesha lawo.

6 Kwaye kute ngomhla otile, nxa bezayo
onyana BAKATIXO ukuzimisa pambi KWOYE-
HOVA, weza no-Satane pakati kwabo. 7
Wayesiti UYEHOVA ku-Satane: Uvela pina?
Wapendula u-Satane KUYEHOVA, wati:
Ekusukasukeni emhlabeni, nasekuhamba-
hambeni kuwo. 8 Waza UYEHOVA wati ku-
Satane: Ugqalile na isicaka sami u-Jobi,
ukuba akuko onjengaye emhlabeni, indoda
efezekileyo, elungisayo, eyoyikayo UTIXO,
epambukayo enkohlakalweni? 9 Wape-
ndula u-Satane KUYEHOVA, wati: Ufumana
emoyika UTIXO na u-Jobi? 10 Akubiyanga
na ngokumngqonga, nangokungqonga in-
dhlu yake, nangokungqonga konke anako,
ngamacala onke? Umsebenzi wezandhla
zake uwutamsanqele, nemfuyo yako ya-
ndile emhlabeni. 11 Uz' uti ke kodwa
wolule isandhla sako, upate konke anako,
waeya kukugxeka ngasebusweni bako.
12 Waza UYEHOVA wati kuye u-Satane:
Bona ke, konke anako kusesandhleni sako;



University of Fort Hare
Together in Excellence

kupela ungoluli isandhla sako pezu kwake.
Wasuka wapuma u-Satane ebusweni BUKA-
YEHOVA.
13 Kwaye kute ngomhla otile, nxa
onyana bake nentombi zake babe besitya,
besela nokusela iveyine, endhlwini yom-
kuluwe wabo, yowamazibulo, 14 safika
isigidimi ku-Jobi, sati: Inkabi bezipulu-
sha, namaqwarashekazi ebesidhla ngecala
lazo; 15 aza ama-Sheba aziwela, azitimba;
nezicaka azibulele ngohlangoti lwerele;
ndikupela mina ndedwa kwosindileyo
ukuza kukuxelela. 16 Sisateta esi, safika
nesinye, sati: Umlilo KATIXO uwile ezu-
lwini, watshisa igusha nezicaka, wazigqi-
bela; ndikupela mina ndedwa kwosindile-
yo ukuza kukuxelela. 17 Sisateta esi,
safika nesinye, sati: Ama-Kaledine enza
amaqela amatatu, agaleleka pezu kwenka-
mela, azitimba; nezicaka azibulele ngo-
hlangoti lwerele; ndikupela mina ndedwa
kwosindileyo ukuza kukuxelela. 18 Sisa-
teta esi, safika nesinye, sati: Onyana bako
nentombi zako babe besitya, besela noku-
sela iveyine, endhlwini yomkuluwe wabo,
yowamazibulo; 19 kekaloku bona ke,
ummoya omkulu wavela pesheya kwenkla-
ngo, wabeta imbombo zonne zendhlu, eya-
wa pezu kwabatsha abo, bada babuba;
ndikupela mina ndedwa kwosindileyo
ukuza kukuxelela.
20 Wandula wesuka u-Jobi, warazula
ingubo yake, wagugula inkloko yake, wa-
wa ngasemhlabeni, wabedesha, 21 wati:
Ndizé ndapuma esizalweni sikamá, ndizé
ndobuyela kona kanjalo: NGUYEHOVA obe-
nika, NGUYEHOVA ohlutileyo; igama LIKA-
YEHOVA malibongwe! 22 Kuko konke
oku akona u-Jobi; akamnika UTIXO ubu-
denge kanjalo.

2 Kwabuya kwati ngomhla otile, nxa be-
zayo onyana BAKATIXO ukuzimisa pambi
KWOYEHOVA, weza no-Satane pakati kwabo
ukuzimisa pambi KWOYEHOVA. 2 Wayesiti
UYEHOVA ku-Satane: Uvela pina? Wape-
ndula u-Satane KUYEHOVA, wati: Ekusuka-
sukeni emhlabeni, nasekuhambahambeni
kuwo. 3 Waza UYEHOVA wati ku-Satane:
Ugqalile na isicaka sami u-Jobi, ukuba
akuko onjengaye emhlabeni, indoda efeze-
kileyo, elungisayo, eyoyikayo UTIXO, epa-
mbukayo enkohlakalweni? osabamba ubu-
nene bake, nangona ubundivusa ngakuye,
ukuba ndimtshabalalise kungeko 'tuba.
4 Wapendula u-Satane KUYEHOVA, wati:
Inkloko ngenxa yenklonze, ewe, konke
umntu anako wokunika ngenxa yobomi
bake. 5 Uz' uti ke kodwa wolule isandhla
sako, upate amatambo ake nenyama yake,
waeya kukugxeka ngasebusweni bako. 6
Waza UYEHOVA wati kuye u-Satane: Bona
ke, usesandhleni sako; kodwa ubomi bake
ubugcine. 7 Wandul' ukupuma u-Satane
ebusweni BUKAYEHOVA, wambeta u-Jobi
ngamatumba amabi, kwa kuwo umzantsi
wonyawo lwake kwada kwaselukakayini
lwake. 8 Waza watabata icepe, ukuba
azirwele ngalo; wabehleli pantsi ke pa-
kati kwotutu. 9 Wandula umfazi wake
wati kuye: Usabamba na ubunene bako?
gxeka UTIXO, ufe ke. 10 Wayesiti kuye:
Uyateta njengelinye lamagezakazi lisenje
njalo ukuteta. Kanene, okulungileyo siya
kukwamkela KUTIXO na, nokubi singakwa-
mkeli yinina? Kuko konke oku akona
u-Jobi ngomlomo wake.
11 Kekaloku abahlobo abatatu baka-Jobi
beva bonke obububi abehlelwe bubo, ba-
vela abanye ngabanye ezindaweni zabo,—
u-Elifazi um-Temani, no-Biledadi um-
Shuha, no-Tsofare um-Nahama; ngokuba
bebevumelene ukuza kumkùza nokumtutu-
zela. 12 Bati bakupakamisa amehlo abo
bekude, abamazi; baza bapakamisa ilizwi
labo, balila; basuka barazula abanye nga-
banye ingubo zabo, batshiza utuli pezu
kwenkloko zabo ngasezulwini. 13 Ba-
hlala pantsi ke ndawonye naye emhlabeni
immini zasixenxe nobusuku basixenxe,
kungeko namnye owateta ilizwi kuye;
ngokuba bebebona ubuhlungu *bake* ukuba
bukulu kakulu.

3 EMVENI kwoku wavula u-Jobi umlo-
mo wake, wawuqalekisa umhla wake.
2 Waza wapendula u-Jobi, wati:
3 Maibube immini bendizalelwa kuyo,
nobobusuku kwatiwa: Kumitiwe umntwa-
na oyindoda. 4 Immini leyo, maibe bu-
bumnyama: maangayikataleli UTIXO kwa
pezulu; nobumhlope mabungakanyi pezu
kwayo. 5 Makuyibange ubumnyama ne-
situnzi sokufa; makupumle pezu kwayo
amafu; intsito zemmini maziyoyikise. 6
Ubusuku obo, isitokotoko masibubambe:
mabungabandakanywa nemihla yomnyaka;
mabungangeni enanini lazo innyanga. 7
Bona ke, ubusuku obo, mabube 'budhlolo;
ilizwi lokuvuya malingezi kubo. 8 Ma-
babunywebelele abaqalekisi bemmini, abo



University of Fort Hare
Together in Excellence

baqele ukuvusa ileviyatane. 9 Mazibe
mnyama iinkwenkwezi sonewalazi lwabo;
mabulinde ukukanya, kungabiko ke; ma-
bungakaugeli nenkope zomso: 10 ngenuxa
yokuba bungavingcanga ingcango zesizalo
esandizalayo, nokuba bungafihlanga 'lusizi
emehlweni ami.

11 Kunganina ukuba bendingafanga kwa
sezizalweni, *umhlaumbi* bendingaqaukanga
umxèlo ndakupuma esiswini? 12 Kunga-
nina ukuba andipangela amadolo? kunga-
nina ukuba *enje njalo* namabele, ukuba
ndanye? 13 Ngokuba ngoku, ngendiba
ndilele pantsi, ndonwaba ke; ngendiba
ndilele ubutongo, ndandula ukuba noku-
pumla; 14 ndawonye nokumkani namapa-
kati omhlaba, ababezakela indawo ezicita-
keleyo; 15 umhlaumbi ndawonye nenkosi
ezibe zinegolide, ezazizalisa izindhlu zazo
ngesilivere: 16 umhlaumbi, njengesisu si-
pumayo esiselelweyo, ngendingabi ndiko;
njengentsana ezingazanga zibone ukuka-
nya. 17 Apo, abakohlakeleyo bayayeka
ukuxalisa; nalapo, bayapumla abadiniweyo
ngamandhla: 18 ababanjwa bayapumla
kunye; abasaliva ilizwi lombandezeli.
19 Abancinane nabakulu bakona; nekonza
likululekile enkosini yalo.

20 Kunganina ukuba kunikwe ukukanya
konosizi; nobomi kwabanoburara bompe-
fumlo; 21 abalangazelela ukufa, kanti
akuko; abakumbelayo ngapezu kwendyebo
eziselelweyo; 22 abavuya kude kuvuyele-
lwe, bagcobe, nxa bafumeneyo incwaba?
23 *Kunganina* kwindoda endhlela ifihliwe-
yo, leyo UTIXO ayibiyeleyo ngokungqonga?
24 Ngokuba, ebusweni bokutya kwami,
kusiza ukugula kwami; zitululwa njenga-
manzi nembombolozo zami. 25 Ngokuba
bendisoyika ububi, baza bandihlela; noko
ndandinkwautya kona, kuze kumi. 26 Be-
ndingenakunqaba, bendingenakwonwaba,
bendingenakupumla, saza safika isituku-
tezi.

4 WAZA wapendula u-Elifazi um-Tema-
ni, wati:

2 Silinga ukuteta nawe, uya kudinwa
na? ngubanina pofu ongawabambayo ama-
zwi? 3 Bona ke, ubalulekile abaninzi, ne-
zandhla ezibutataka uzomelezile. 4 Obekù-
beka amazwi ako ampakamisile, namadolo
atobayo uwaqinisile. 5 Koko kaloku kuze
pezu kwako, seuenbukile; kufikele kuwe,
selutusiwe. 6 Asi kukwoyika kwako na
okuyingqiniso yako, nobunene bemikwa
yako obulitemba lako? 7 Kaukumbule,
ngubanina obengenatyala owabubayo? ku-
pina ke babetshatyalaliswa abalungisayo?
8 Njengoko ndikuboniloyo, abalimayo in-
kohlakalo, nabahlwayela ububi, bayavuna
kona. 9 Ngokupefumla KUKATIXO baya-
buba, nangommoya wempumlo yake bagqi-
tyelwe. 10 Ukukonya kwengonyama, ne-
lizwi lengonyama enomsindo, namazinyo
engonyama ezintsha ayapulwa. 11 Ingo-
nyama enamandhla iyabuba ngokuswela
into yokuqwenga, namatole engonyamakazi
atiwa sa.

12 Kekaloku ilizwi laziswa kumi ngo-
kwalama, yaka yabamba indhlebe yami
intsebezo kulo. 13 Pakati kwezicingo
zivela emibonisweni yobusuku, kwakuba
kusiwa ubutongo obukulu pezu kwabantu,
14 isoyiko sandihlela, nesingcangcazelo,
esadidizisa onke amatambo ami. 15 Wa-
ndula ukugqita pambi kwobuso bami
umoya; zisuke innwele zennyama yami
zapakama: 16 wema, kodwa bendingaqiqi
isimilo sake; umfanekiselo ubungapambi
kwamehlo ami; nelizwi elizolileyo ndaliva,
*lisiti:* 17 Into engumntu yoba ilungile
pambi KWOTIXO na? indoda iya kuba
ngcwele pambi kwomdali wayo na? 18
Bona ke, kuzo izicaka zake akatembi; na-
pezu kwengelosi zake uyabeka ubudenge:
19 kangakananina ngakumbi ke *pezu kwa*-
bemi bezindhlu zodongwe, ezikusekwa
kuselutulini! bayancinezelwa njengenu-
ndu; 20 kwa sekuseni kude kube seku-
hlweni bacitiwe; bayagqibela ukububa,
kungeko ogqalayo. 21 Ayinduluki na
indhluliselo yabo ekubo? bayafa, benge-
sebulumkweni.

5 Kaubize ke, ukuba kuko oya kusabela
kuwe; nakuwupina kwabazingcwele
uya kubeka? 2 Ngokuba olihilihili in-
gqumbo imbulala, noliyilo umona uyam-
fisa. 3 Ndibonile mina ihilihili lisende-
lisa ingcambo; kodwa ndahla ndaqale-
kisa ikaya lalo. 4 Abantwana balo
bakude ekwonwabeni; boncinezelwa esa-
ngweni, kungeko umhlanguli: 5 elisivuno
olambileyo uya kusidhla, esisusa naso-
maveni; nobutyebi babo umtiyeli ubu-
nxamele.

6 Nakuba ububi bungaveli elutulini,
nobunzima bungahlumi emhlabeni; 7 koko
umntu luzalelwayo ubunzima, njengokuba
inklantsi zibalekela pezulu; 8 ngendifuna



University of Fort Hare

KUTIXO mina noko, nakuye UTIXO ngendibe-
kela indawo yami: 9 ozenzayo izinto ezin-
kulu, ezingenakupengululwa; izinto ezi-
mangalisayo, ezingenakubalwa; 10 onisa
imvula pezu kwomhlaba, okupa amanzi
pezu kwezindhle: 11 ukuba abeke pezulu
abatotyiweyo; bati abalilayo bapakanyise-
lwe ekwonwabeni. 12 Uyatshitshisa ama-
qinga yabanamaqokolo, zide izandhla zabo
zingafezi nanto bayenzayo. 13 Uyabamba
amalumko ngobawo ubuqokolo; necebo
labajikayo linxamile. 14 Emmini ba-
yafumanana nobumnyama; nanjengase-
busuku, bayaputaputa emmini enkulu. 15
Kodwa uyamsindisa ereleni, emlonyeni
wabo, nasesandhleni sowomeleleyo, oswe-
leyo. 16 Ngako kuko itemba kwihlwe-
mpu, iti inkohlakalo ivingce umlomo
wayo.
17 Bona ke, unetamsanqa umntu owo-
hlwaywa NGUTIXO; ngako ukubeta KWO-
SOMANDHLA ungakudeli. 18 Ngokuba etu-
tumbisa, abuye abope; uyalimaza, ziti
izandhla zake zipolise. 19 Ezimbandeze-
lweni zintandatu uya kukusindisa; nakwe-
zisixenxe ububi abuyi kukupata. 20
Ekulambeni uya kukukulula ekufeni;
nasemfazweni *wokukulula* emandhleni erele.
21 Esibetweni solwimi uya kuzimela;
akuyi kwoyika ingcitakaliso yakufika. 22
Ingcitakaliso nendhlala wohleka ngazo;
namaramncwa omhlaba akuyi kwoyika
wona: 23 ngokuba luya kuba namatye
asendhle ucebano lwako; nezilo zasendhle
ziya kuxolana nawe. 24 Kanjalo uya ku-
kwazi ukuba iseluxolweni intente yako;
wauya kubonela kwiriwa lako, ungalahleki
'nto. 25 Uya kukwazi kanjako ukuba
inzalo yako yoba 'nninzi, nabazukulwana
bako njengenca yomhlaba. 26 Woza
unobudala obuzeleyo enewabeni, njengoku-
butwa kwesita sennqolowa ngexesha laso.
27 Bona ke oku, sikupengulule, kunje
nje; kuve ke, uzazele wena.

6 WAZA wapendula u-Jobi, wati:
2 Ayaba inkatazo yami yalinganiswa
ipela, nelishwa lami lafunqulelwa ezintwe-
ni zokulinganisela kwa kunye! 3 Ngo-
kuba kaloku inge inzima pezu kwenklabati
yolwandhle: ngako oko amazwi ami ate-
tiwe ngokunxama. 4 Ngokuba intolo
ZOSOMANDHLA zipakati kwami, ezibuhlungu
bazo butincayo umoya wami; izoyikiso
ZIKATIXO ziyazicwangcisa ngakumi. 5 I-
qwara liyakonya na eluhlazeni? Inkabi
iyalila na pezu kwokutya kwayo? 6 Ku-
yadhleka na okungenasongo ingeko ityu-
wa? kuko ukuvakala na ebumhlotsheni
beqanda? 7 *Ezizinto* umpefumlo wami
walile ukuzipata; zinjengokutya kwami
okutyeketyeke.
8 Sanga singeza isicelo sami, ati UTIXO
aniko isilangazelelo sami: 9 ukuba avume
UTIXO ukundityumza, asombulule isandhla
sake, anditi nqam! 10 Oko bekusaya
kubako isonwabiso sami; ngendivuyelela
ebuhlungwini, *nakuba* abengenanceba:
ngokuba ndingasitelisanga amazwi oyin-
gcwele. 11 Ayinto nina amandhla ami,
ukuba ndibe netemba? siyinto nina nesi-
pelo sami, ukuba ndolule ubomi bami?
12 Amandhla ami angamandhla amatye
na? innyama yami iyixina na? 13 Asi
kukuba aluko na uncedo lwami pakati
kwami, nokuba usizo lugxotiwe kumi?
14 Onosizi ubang' ububele kumhlobo
wake; kanti ukwoyikwa KWOSOMANDHLA
uyakushiya. 15 Abazalwana bami benze
ngenkohliso njengomlanjana; njengomsi-
nga wemilanjana bayadhlula; 16 ebutuku-
tuku ngetuba leliqwa, ekukuyo iyazifihla
ingqweqwe: 17 ngexesha lokutsha kwayo
inqamkile; ekufudumaleni kwayo icime-
kile ezindaweni zayo. 18 Bayapambuka
abahambi bendhlela yayo; bayanyukela
ebugxwayibeni, babube ke. 19 Abahambi
bakwa-Tema baqolosela; abaratyazi ba-
kwa-Sheba bayilangazelela. 20 Badana,
ngokuba bebetembile; beza kufika kona,
bamatiswa ke. 21 Ngokuba kaloku niba
yinto engento; niyabona isituso, nize no-
yike. 22 Kanene kendatsho na ukuti:
Ndipeni? nokuti: Ndikupeleni amabaso
ebutyebini benu? 23 nokuti: Ndisindiseni
esandhleni sotshaba? nokuti: Ndikululeni
esandhleni sababandezeli?
24 Ndifundiseni, ndandiya kuti cwaka;
nento ndiposisile ngayo ndiqondiseni. 25
Hai ukuba namandhla kweziteto ezifanele-
kileyo! kodwa kungati nina ukwohlwaya,
ukwohlwaya okuvela kuni? 26 Niyacinga
ukwohlwaya amazwi na, zinjengommoya
nje iziteto zoncamileyo? 27 Ewe, niyeye-
lisa inkedama, nimbele isihlobo senu *isi-*
*hogo.* 28 Kodwa kaloku vumani nibeke
ngakumi; ngokuba ebusweni benu ndi-
ngayi kuxoka. 29 Buyani ke, makunga-
biko inkohlakalo; he, buyani kanjako,
ubulungisa bami bukona. 30 Kuko elu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lwimini lwami na inkohlakalo? ikuhla-
ngubo lami alingeqiqe na ubumeneme-
ne?

7 Akuko na ukulwa emntwini pezu kwom-
hlaba? nemihla yake ayinjengemihla
yomqeshwa na? 2 Njengokuba ikoboka
linxamela amatunzi, nanjengokuba umqe-
shwa elinda umvuzo wake; 3 kwa njalo
ndabelwe innyanga zobubi, ndimiselwe
ubusuku bendiniso. 4 Nxa ndilele pantsi,
sendisiti: Ndiya kuvuka ninina, bumke
ubusuku? kanjalo ndincanyiswa kukuzama-
zama kude kuse. 5 Innyama yami yamba-
tiswe impetu namagada otuli; inklonze
yami ishwabene, iyanyibilika. 6 Imihla
yami igqitisile ngokubaleka isilukiso
somluki; iyapeliswa lingeko itemba. 7
Kumbula ukuba ubomi bami bungummoya;
alisayi kubuya iliso lami libone ukulunga.
8 Iliso lalowo undikangeleyo alisayi ku-
ndibona; awako amehlo oba pezu kwami,
koko ndingayi kubako. 9 Ilifu liyapela,
liti shwaka; kwa njalo lowo ohlelayo eha-
desi akayi kunyuka *kona*. 10 Akasayi
kubuyela kanjako endhlwini yake; nen-
dawo yake ayisayi kubuya yazane naye.

11 Noko andiyi kubamba umlomo wami;
ndiya kuteta eluxinezekweni lwommoya
wami; ndokalaza eburareni bompefumlo
wami. 12 Ndilulwandhle, ndingumnenga
kusinina, lento ubekileyo pezu kwami
umlindo? 13 Ndakuti: Kwondituzela
isilili sami, wosidambisa isikalazo sami
umandhlalo wami; 14 wandule ukunditusa
ngamapupa, nokundoyikisa ngemiboniso:
15 ude umpefumlo wami uqashe ukurwi-
shwa, *ewe* ukufa ngapezu kwamatambo
ami. 16 Ndiwadelile; andiyi kudhla u-
bomi ngonapakade; ndiyeke, ngokuba imi-
hla yami iyinto engendawo.

17 Uyinto nina umntu, ukuba umenze
'mkulu, nokuba umbekele inkliziyo yako?
18 ukuba umohlwaye imiso yonke, umlinge
amaxanyana onke? 19 Kwoba kade ka-
ngakananina ukuba akuyi kujika kumi,
*nokuba* akuyi kundiyeka ndide ndiginye
amate ami? 20 Ndonile; ndiyenza 'nto
nina kuwe *noko*, wena 'mlindi wabantu?
kunganina ukuba undibekile ndibe yinto
yokuwelwa kuwe, ndide ndibe ngumtwalo
kwa kumi? 21 Kunganina kanjalo ukuba
ungaxoleli isigqito sami, uyisuse inkohla-
kalo yami? ngokuba kaloku ndiya kulala
elutulini; wondifuna knsasa, koko ndinga-
yi kubako.

8 WAZA wapendula u-Biledadi um-
Shuha, wati:

2 Kwoda kube ninina uya kuteta ezi-
*zinto*, ati amazwi omlomo wako abe ngum-
moya onamandhla? 3 UTIXO wopambu-
kisa ugwebo na? kanjalo USOMANDHLA
wopambukisa ubulungisa na? 4 Ukuba
abantwana bako bonile ngakuye, waza
wabagxota ngako ukugqita kwabo: 5 u-
kuba ubufuna ngokutalo KUTIXO, wataru-
zisa kuye USOMANDHLA; 6 ukuba ubungo-
ngcwengekileyo nolungisayo; ngennyani-
so kaloku ebeya kuvuka ngennxa yako,
atamsanqelekise ikaya lokulunga kwako.
7 Nakuba ukuqala kwako bekukuncinane,
okwasemva kwako bekuya kuba kukulu
kunene.

8 Kodwa kaubuze isizukulwana sapa-
mbili, uzibekise ekufuniselweni kwoyise
baso: 9 (ngokuba singabezolo tina, singazi
nje; ngokuba isisitunzi imihla yetu em-
hlabeni:) 10 abayi kukufundisa bona na,
bakutetele, bapumise enkliziyweni yabo
amazwi?—*okuti:*

11 Ingcongolo ingazipakamisa na lu-
ngeko udaka? umkanzi ungakula na enge-
ko amanzi? 12 Nxa usenabo ubuhlaza ba-
wo, ungekasikwa, uyapangela innca zonke
ngokubuna. 13 Zikwa njalo indhlela zabo
bonke abamlibalayo UTIXO; netemba lom-
ginwa lona liya kububa: 14 okukangela
kuya kunqanyulwa, nokutembela kwake
kwoba yindhlu yesigcawo. 15 Uya kwa-
yama kwindhlu yake, kanti ayiyi kuma;
uya kubambelela kuyo, kanti ayiyi kuhlala
iqinile. 16 Ucumile ebusweni belanga,
nehlumelo lake liyapumela pezu kwesi-
tiya sake. 17 Pezu kwemfumba ingcambo
zake zijijene; indawo yamatye uyayibona.
18 Nxa atshatyalaliswayo endaweni yake,
yoza imkanyele, *isiti:* Andikubonanga.
19 Bona ke, olu luvuyo lwendhlela yake;
bati abanye bahlume elutulini.

20 Bona ke, UTIXO akayi kumlahla ofe-
zekileyo; akayi kubamba abenzi bokubi
ngesandhla kanjalo. 21 Nxa asazalisa iku-
hlangubo lako ngohleko, nomlomo wako
ngomemezo lwomgcobo, 22 abatiyi bako
baya kwambatiswa idano: kanti intente
yabakohlakeleyo ayiyi kuba iseko.

9 WAZA wapendula u-Jobi, wati:

2 Ngennyaniso ndiyakwazi ukuba ku-
njalo: kodwa angati nina umntu ukuba
nokulunga pambi KWOTIXO? 3 Ukuba ebe-



University of Fort Hare
Together in Excellence

tanda ukupika naye, akangempendulele
'nto noko innye kweziliwaka. 4 Ulumkile
ngenkliziyo, womelele ngamandhla: ngu-
banina oke wazenza lukuni ngakuye, waza
watamsanqeleka? 5 Okwelelisayo intaba,
zingazi zona; ozipenulayo ngomsindo
wake; 6 ongcangcazelisa umhlaba *usuke*
endaweni yawo, ziti intsika zawo zididize;
7 otetayo elangeni, lingapumi ke; ozinca-
matisela nenkwenkwezi; 8 otwabululayo
amazulu yena yedwa, anyatele pezu kwa-
mapezulu olwandhle; 9 owenzayo u-Bere,
*no*-Oriyone, nesilimela, nenkambili zasesu-
yide; 10 owenzayo izinto ezinkulu, ezi-
ngenakupengululwa; nemimangaliso, enge-
nakubalwa. 11 Bona ke, uyadhlula nga-
kumi, kanti andimboni; uyagqita noku-
gqita, kanti andimqiqi. 12 Bona ke,
uti rintyi; ngubanina ongamnqandayo?
ngubanina oya kutsho kuye ukuti: Wenza
'nto nina? 13 UTIXO akayi kusonga ingqu-
mbo yake; bayatoba ngapantsi kwayo
abancedi abaneratshi.

14 Kukancinane kangakananina nga-
kumbi endiya kumpendula mina, ndikete
amazwi ami ngakuye? 15 Lowo, nakuba
bendilungileyo, ngendingampenduli; kuye
umgwebi wami ngenditaruzisa. 16 Ukuba
bendibizile, waza wandipendula, ngendi-
ngakolwa ukuba wolibekela indhlebe ili-
zwi lami: 17 ngokuba endityumza ngo-
qwitela, ewandisa amanxeba ami kungeko
'tuba. 18 Akandivumeli ndipinde ukupe-
fumla kwami, koko endihlutisa ngezinto
ezirara. 19 Ukuba *kutetwa* ngamandhla,
bona ke, unamandhla yena; ukuba *kutetwa*
ngokumema, ngubanina oya kundimisela
ixesha? 20 Ukuba *nditi* ndilungile, owami
umlomo wondigweba; *ukuba nditi* ndifeze-
kile, wobonisa ukuba ndinobugwenxa. 21
*Nakuba* bendifezekile, ngendingawazi um-
pefumlo wami; ngendidela ubomi bami.
22 Innye into le, kungoko enditshilo:
ofezekileyo nokohlakeleyo uyabapelisa.
23 Nxa isibeto sibaqa ukubulala, uyahleka
ilingwa labangenatyala. 24 Umhlaba
unyanikwa esandhleni sokohlakeleyo; u-
buso babagwebi bawo uyabugqubutela;
ukuba akunjalo, ungubanina pofu?

25 Imihla yami igqitisile isigidimi ngo-
kubaleka; isabile; ayibonanga ubutamsa-
nqa; 26 igqitile njengemikombe yengco-
ngolo; njengokozi lubalekela kwinto yo-
kutya. 27 Ukuba nditi: Ndiya kulibala
isikalazo sami, ndoshiya usizi lwami, ndi-
zomeleze; 28 ndiyoyika zonke inklungu
zami: ndiyazi ukuba akuyi kundigwebela:
29 ndoba netyala: kunganina ke ukuba
ndifumane ndizama? 30 Ukuba bendizi-
hlambile ngamanzi engqweqwe, ndenza
'mhlope izandhla zami ngesepe; 31 oko
ubuya kundintywilisa emnxunyeni; ziti
izivato zami zinditiye. 32 Ngokuba enge-
nguye umntu, njengami, endingampendu-
layo, singene kunye ekugwebeni. 33
Akuko 'mlamli pakati kwetu, *ukuba* abeke
isandhla sake pezu kwetu sobabini. 34
Makasuse kumi intonga yake, nesoyikeko
sake masinganditusi: 35 ngenditeta, ndi-
ngamoyiki: ngokuba ndingenjalo mina
pakati kwami.

10 Umpefumlo wami udiniwe bubomi
bami: ndozilahlela ekukalazeni kwa-
mi; ndoteta eburareni bompefumlo wami.
2 Ndiya kuti KUTIXO: Ungandigwebi;
zundazise ukuba upikela nina nami. 3
Kulungile kuwe na uknba ubandezele,
ukuba udele isetyenzwa lezandhla zako,
*nokuba* pezu kwecebo labakohlakeleyo
ukanyile? 4 Unamehlo ennyama na?
uyabona njengokubona kwomntu na? 5
Injengemihla yomntu imihla yako na;
neminyaka yako injengemihla yendoda
na; 6 ukuba ufunisele inkohlakalo yami,
ubuzele nesono sami; 7 usazi nje ukuba
andinatyala, nokuba akuko ongahlangulayo
esandhleni sako?

8 Izandhla zako zindidalile, zandenza,
ngamacala onke kunye; noko uyanditshaba-
lalisa. 9 Zukumbule ke, ukuba undenzile
njengodongwe; woza undibuyisele elutu-
lini na? 10 Akunditululanga na njenga-
masi, wandikama njengennqaka? 11 U-
ndivatisile inklonze nennyama, wandibiya
ngamatambo nemisipa. 12 Undenzele
ubomi nobubele; ukunonelela kwako ku-
londolozile umoya wami. 13 Kanti ezi-
*zinto* uzibekele enkliziyweni yako; ndiyazi
ukuba oku bekukuwe.

14 Ukuba ndiyona, seuya kundigqala,
nakuyo inkohlakalo yami akuyi kundiku-
lula. 15 Ukuba ndinetyala, kwoba nzima
kumi! nokuba ndilungile, andingepaka-
mise inkloko yami: ndincanyisiwe lihlazo,
nakukubona ubunzima bami. 16 Nakuba
ibizipakamisa, njengengonyama enomsindo
ubuya kundizingela, uze ubuye wenze
ngokumangalisa ngakumi. 17 Ubuya ku-
twasisa amanqina ako pambi kwami, wa-
ndise ingqumbo yako ngakumi: imikosi



University of Fort Hare

ndhla uyaluxengaxengisa. 22 Uyatyila
izinto ezinzulu *ezivelisa* ebumnyameni,
asiti gqi emhlotsheni isitunzi sokufa. 23
Uyakulisa izizwe, andule azibubise; uyazi-
twabulula izizwe, andule azifuduse. 24
Uyabahluta abazinkloko zelizwe inkliziyo,
abadungudelise ebugxwayibeni obunge-
nandhlela. 25 Bayaputaputa ebumnya-
meni, kungeko ukukanya; uyabagexisa
njengenxila.

13 Bona ke, *oku* konke likubonile iliso
lami; ikuvile indhlebe yami, yayiqo-
nda. 2 Into eniyaziyo nina, ndiyayazi
nami; andiwi mina pantsi kwenu.

3 Kodwa mina ndiya kuteta KUSOMA-
NDHLA; ndinga ndingatetelela KUTIXO. 4
Kanti ke nina ningabaqingi bobuxoki;
ningabapolisi bokungento nina nonke. 5
Akwaba nabenigqibela ukuti cwaka! nge-
kuba bubulumko benu *oko*.

6 Keniye ke ukutetelela kwami, nipula-
pule ukupikisa kwomlomo wami. 7 Niya
kutetela UTIXO ngobumenemene na? nom-
tetela ngenkohliso na? 8 Niya kubuka
ubuso bake na? nompikela UTIXO na?
9 Ngekulungile na ukuba anipengulule?
niya kumhanahanisa na, njengokuba kuha-
nahaniswa umntu? 10 Woqinisa ukuno-
hlwaya, xeshekweni nibuka ubuso ngasese.
11 Ubungangamsha bake abunitusi na, ne-
soyikeko sake asiniweli na? 12 Iziku-
mbuzo zenu ziyimizekeliso yotutu; indu-
lana zenu zindulana zodaka. 13 Yitini
cwaka nindiyeke, ndandiya kuteta mina,
nangona kuya kuhla pezu kwami okunja-
nina. 14 Kunganina ukuba nditabate in-
nyama yami ngamazinyo ami, nobomi bami
ndibubeke esandhleni sami? 15 Ukuba
uya kundibulala, ndotembela kuye noko;
kodwa indhlela zami ndiya kuzitetelela
pambi kwake. 16 Kanjalo yena woba lu-
sindiso lwami; ngokuba umginwa engezi
ebusweni bake.

17 Kutalani ukupulapula isiteto sami, no-
kuxela kwami ezindhlebeni zenu. 18 Bona
ke, sendilungiselele ityala; ndiyazi ukuba
ndiya kugwetyelwa. 19 Ngubanina lowo
oya kupika nami? ukuba kaloku bendiya
kuti cwaka, ngendiqauka umpefumlo. 20
Kupela izinto ezimbini ungandenzeli zona:
oko andiyi kuzimela ebusweni bako. 21
Isandhla sako sikwelelise kude kumi; ne-
soyikeko sako masinganditusi. 22 Wandule
ukubiza wena, ndipendule mina; okanye
nditete mina, undipendule wena.

23 Zingapina izikohlakalo nezono endi-
nazo? zundazise ukugqita kwami nokwona
kwami. 24 Kunganina ukuba undifihlela
ubuso bako, nokuba undibala ngokuba lu-
tshaba kuwe? 25 Igqabi elipetshetwayo
uya kulingcangcazelisa na? umququ owo-
mileyo wowusukela na? 26 Ngokuba
uzibàla ngakumi into ezirara; nezikohla-
kalo zobutsha bami undenza ndilidhle ilifa
lazo. 27 Uyazifaka innyawo zami amaka-
mandela, nazo zonke indhlela zami uyazi-
hlola; pezu kwengcambo zennyawo zami
uyasika impau. 28 Yena lowo, njengento
ebolileyo, uyalupala; njengengubo edhli-
weyo linundu.

14 Umntu, ozalwa ngumfazi, ungomihla
mifutshane, nokolisile ukuba nesitu-
kutezi. 2 Uyavela njengembali, andul'
ukunqanyulwa; uyabaleka njengesitunzi,
angahlali ke. 3 Noko ke pezu kwonjalo
uyavula amehlo ako; nami uyandingenisa
ekugwebeni kwa nawe. 4 Ngubanina
ongavelisa okucocekileyo kokuncolileyo?
akuko namnye. 5 Ukuba imihla yake
yabiwe, *ukuba* inani lennyanga zake
likuwe, *ukuba* ummiselo umda angenako
ukuwugqita, 6 jika kuye, ukuze apu-
mle, ade afeze njengomqeshwa umhla
wake.

7 Ngokuba kuko itemba pezu kwomti,
lokuba woti, nxa ugauliweyo, ubuye uhlu-
me, nokuba ihlumelo lawo aliyi kupela.
8 Ukuba iba 'ndala emhlabeni ingcambo
yawo, nokuba siyafa isipunzi sawo ehlaba-
tini; 9 uya kuti *noko*, ngalo ivumba lama-
nzi, *ubuye* untsule, wenze amasebe njenge-
sityalo *esitsha*. 10 Kodwa indoda iyafa,
ingcungcuteke; ewe, umntu uyaqauka
umxèlo,—upina ke?

11 Amanzi ayanqamka elwandhle, nom-
singa uyatsha, wome ke; 12 kwa njalo
umntu uyalala pantsi, angesuki: kude ku-
ngabi sabiko amazulu, abayi kuvuka; aba-
yi kuvuswa ebutongweni babo kanjalo.

13 Akwaba ubuya kundizimeza enewa-
beni, undifihle, kude kubuye ingqumbo
yako, undinqopisele ixesha elimisiweyo,
undikumbule! 14 Ukuba indoda iya kufa,
*yobuya* ipile na? yonke imihla yokulwa
kwami ndiya kulinda, kude kufike ukugu-
qulwa kwami. 15 Uya kubiza, ndisabele
kuwe mina; uya kunxamela umsebenzi
wezandhla zako. 16 Ngokuba kaloku u-
wabala amanyatela ami;—akulindi na pezu
kwesono sami? 17 Kuncanyatiselwe en-



University of Fort Hare
Together in Excellence

nxoweni isigqito sami; uyatungelanisa
inkohlakalo yami.
18 Okunene intaba isiwa iyonakala, ne-
liwa iyakweleliswa endaweni yalo; 19
amanzi ayasinyisa amatye; uyakukulisa
okumilayo elutulini lwomhlaba: kwa njalo
itemba lomntu uyalibubisa. 20 Uyameyisa
amaxesha onke, andule emke; uyenza
ngakumbi ubuso bake, wandule umndulule.
21 Onyana bake bayabekwa, kodwa akazi
yena; bayatotywa, kodwa akaboneli kubo.
22 Kupela innyama yake isepezu kwake
iba nobuhlungu, nompefumlo wake usepa-
kati kwake uba nosizi.

15 WABUYA wapendula u-Elifazi um-
Temani, wati:
2 Umntu olumkileyo uya kupendula na
ngokwazi okungummoya; nombilini wake
wowuzalisa na ngommoya wasempumala-
nga; 3 etetelela nje ngamazwi angenaku-
nceda, nangeziteto angezuze 'nto ngazo?
4 Wena kambe uyatshitshisa ulwoyiko;
uyabandeza ububedesho pambi KWOTIXO.
5 Ngokuba umlomo wako usifundisa inko-
hlakalo yako, nakuba uqasha ulwimi lwa-
banamaqokolo. 6 Ngumlomo wako oku-
gwebayo, asi ndimi; ewe, owako umlomo
uyanqina ngakuwe.
7 Ubuzalwa ungumntu wokuqala na?
ubuveliswa zingekabiko induli na? 8
Wabupulapula esihlelweni SIKATIXO na?
uzibambele wena ubulumko na? 9 Yinto
nina uyaziyo, esingayazi tina? *yinto nina*
uyiqondayo, engenati yona? 10 Kuko
kwa lowo oyingwevu nalowo olixego pa-
kati kwetu, egqitisile uyihlo ngobudala
nje. 11 Zincinane na kuwe izonwabiso
ZIKATIXO, nelizwi *elitetwayo* kakuhle nga-
kuwe? 12 Yinina ukuba inkliziyo yako
iyakukukulisa? namehlo ako ayapanyazela
nina; 13 ukuba uwusonga ummoya wako
ngakuye UTIXO, n*okuba* uwapumisa amazwi
*anjalo* emlonyeni wako?
14 Yinto nina umntu, ukuba abe ehla-
mbulukile? nozelweyo ngumfazi, ukuba
abe elungile? 15 Bona ke, akatembi
kubo abangcwele bake; nawo amazulu
akamhlope emehlweni ake. 16 Kancinane
kangakananina ngakumbi ke oko kuzonde-
kileyo nokudhlubukileyo,—umntu oselayo
inkohlakalo njengamanzi?
17 Ndokutyela; pulapula kumi; oko
ndikuboniloyo, ndiya kubalisa kona; 18
abate abalumkileyo bakushumayela, aba-



kusitelisa, kuvela koyise babo: 19 obe-
kunikwa kubo bodwa ilizwe, nxa ku-
ngadhlulanga owasemzini pakati kwabo.
20 Yonke imihla okohlakeleyo uyabu-
lawa bubuhlungu, nenani leminyaka limfi-
hlelwe umbandezeli. 21 Inklokoma yezo-
yikiso isezindhlebeni zake: eluxolweni
umtimbi uya kumzuma. 22 Akakolwa
ukuba wobuya ebumnyameni, koko ukuba
ulindelwe irele. 23 Uyapalapalela isonka,
*esiti:* Sipina? uyazi ukuba umhla wo-
bumnyama seulungisiwe ngasesandhleni
sake. 24 Ubunzima noxinezeko ziyamtu-
sa; ziyameyisa njengokumkani olungele
ukulwa. 25 Ngokuba ebesolula isandhla
sake ngakuye UTIXO, wazikalipisa nga-
kuye USOMANDHLA: 26 ebembalekela
ngentamo, ngembumbulo ezibukubuku
zamakaka ake. 27 Nakuba abegubungela
ubuso bake ngokutyeba kwake, wenza nen-
gxeba zamanqata esinqeni *sake*; 28 uya
kuma noko ezixekweni ezitshatyalalisiwe-
yo, ezindhlwini ekungeko ohlala kuzo,
ezilungele ukufunjiswa. 29 Akayi kuba
sisityebi, kanjalo ayiyi kumana ibako
indyebo yake; imfuyo yabo ayiyi kutwa-
bulukela pezu kwomhlaba. 30 Akayi
kumka ebumnyameni; ihlumelo lake ila-
ngatye liya kulomisa; woda emke ngom-
moya womlomo wake.
31 Makangatembi kokungendawo u-
lukuhliwe *ngako*; ngokuba okungendawo
kuya kuba ngumvuzo wake: 32 ungekafiki
umhla wake kwozalisekiswa; nesebe lake
aliyi kuba luhlaza. 33 Uya kuvutulula
idreyive emuncu yake, njengomti weveyi-
ne; nentyatyambo yake uya kuyiwisa,
njengomnquma. 34 Ngokuba umhlambi
womginwa woba 'budhlolo; nentente ze-
sincwancwaniso umlilo uya kuzigqiba.
35 Bayamita ububi, bazale inkohlakalo;
umbilini wabo uyalungisa inkohliso.

16 WAZA wapendula u-Jobi, wati:
2 Zininzi izinto ezinjalo endizivi-
leyo; ningabatutuzeli abayinkatazo nina
nonke. 3 Kuko ukupela na emazwini
ommoya? okunye utelekiswa yinto nina
ukuba upendule? 4 Bendingatetayo nami
njengani, ukuba umpefumlo wenu ubusesi-
kundhleni sompefumlo wami; bendinga-
wafumbelelayo amazwi ngakuni, ndinihlu-
nguzele inkloko yami. 5 *Kodwa* ngendi-
nomeleza ngomlomo wami, nokushukuma
kwodebe lwami ngekudambisa. 6 Ukuba

University of Fort Hare

bendiya kuteta, akuyi kudanjiswa ubuhlu-
ngu bami; nokuba bendiya kuyeka, ndiya
kumkelwa yinto nina?
7 Okunene kaloku undidinisile: ucita-
kalisile wena wonke umhlambi wami; 8
waye undibambile mina, kwaba linqìna
*oko*; lwaluvuka ngakumi ubityo lwami, lu-
yanqìna ngasebusweni bami. 9 Ingqumbo
yake iqwengile, uyandizonda; unditshixi-
zele ngamazinyo ake; utshaba lwami lu-
wabazile amehlo alo ngakumi. 10 Ba-
ndakamele ngomlomo wabo; bandibetile
esidhleleni ngokucekisa; bayandiraula
kunye.
11 UTIXO undinikele kolimenemene, wa-
ndeyelisela ezandhleni zabakohlakeleyo.
12 Bendisekwonwabeni, kodwa wandi-
ngcangcazelisa; undibambile ngentamo,
wanditi viti; wandimisa ndibe ngumlinga-
niso kuye. 13 Abatoli bake bayandingqo-
nga; uyacanda izintso zami, engenannceba
nje; uyapalazela emhlabeni innyongo
yami. 14 Uyandityobozela ngesityobozelo
pezu kwesityobozelo, uyandibalekela nje-
ngegora. 15 Nditungile inklakanklaka
pezu kwenklonze yami; ndingenisile upo-
ndo lwami elutulini. 16 Ubuso bami bu-
dumbile kukulila; isitunzi sokufa sipezu
kwenkope zami: 17 nokokuba akuko
'budhlwengu ezandhleni zami, nokuba
umtandazo wami ungcwele. 18 Mhlaba!
ungaseleli igazi lami; makungabi nandawo
nokubiza kwami. 19 Ewe, kaloku nje,
naliya inqìna lami ezulwini, nomboneli
wami ezinnyangweni.
20 Abo bandigculelayo ngabahlobo ba-
mi; *koko* iliso lami litontsela KUTIXO. 21
Akwaba bekungatetelelwayo indoda pambi
KWOTIXO, njengokuba unyana woluntu *ete-
telela* umlingane wake! 22 Ngokuba yi-
minyaka emincinane eya kuza, ndandi-
ya kuhamba indhlela *e*ndingayi kubuya
*ngayo*.
17 Ummoya wami wonakele, imihla yami
inqamkile, amancwaba andi*hlal*ele.
2 Asi ngabahleki abanami na? nasekuca-
pukiseni kwabo alihlali iliso lami na? 3
Kaubeke pantsi ke, ube ngumbambiseli
wami pambi kwako; ngubanina lowo oya
kubambana nami izandhla? 4 Ngokuba
inkliziyo yabo uyifihlile engqondweni;
ngako oko akuyi kubapakamisa. 5 Okilayo
izihlobo zipangwe, kwa namehlo abantwa-
na bake aya kupela. 6 Kanti undimisile
ndibe lilizwi lokuhlekisa pakati kwabantu;
ndide ndaba ngotshicelwa ebusweni. 7
Liluzizi iliso lami ngennxa yenkatazo,
namalungu ami anjengesitunzi wona onke.
8 Boti nqa abalungisayo pezu kwoku; no-
ngcenatyala uya kuvuka ngakuye umginwa.
9 Woti olungileyo abambe indhlela yake,
nozandhla zimhlope andise amandhla. 10
Kodwa nina nonke, manibuye nize ke:
ngokuba ndingafumani pakati kwenu olu-
mkileyo.
11 Imihla yami idhlulile, amaqinga ami
akumkile,—izazelelelo zenkliziyo yami.
12 Bayabeka ubusuku esikundhleni sem-
mini; ukukanya kukufupi, kuvela ebu-
mnyameni. 13 Ukuba ndiya kutemba,
incwaba liyindhlu yami; ndandhlele ukù-
ko lwami ebumnyameni. 14 Ndibizile
ekuboleni ngokuti: Ungubawo wena; na-
sempetwini ngokuti: Ungumá nodade
wami. 15 Lipina pofu kaloku itemba
lami? he, itemba lami liya kubonwa ngu-
banina? 16 Liya kuhlela emivalweni
yencwaba, uxa kupunyulwa kunye elu-
tulini.

18 WABUYA wapendula u-Biledadi um-
Shuha, wati:
2 Kwoda kube ninina niya kwenzela
amazwi isipelo? telekelelani, size sandule
ukuteta. 3 Yinina ukuba sibalwe ngoku-
ngati sizizilo, *nokuba* sibe ngabancolileyo
emehlweni enu? 4 *Wena*, lowo uziruzula-
yo ngengqumbo yake! kwoshiywa umhla-
ba ngennxa yako na? kwokweleliswa iliwa
endaweni yalo na?
5 Ewe, ukukanya kwabakohlakeleyo
kuya kucinywa; ilangatye lomlilo wake
aliyi kukazimla. 6 Ukukanya kwoba
'bumnyama ententeni yake; nesibane
sake pezulu kwake siya kucinywa. 7
Amanyatela amandhla ake aya kuxinwa;
elake icebo lomeyelisa. 8 Ngokuba eya
kuwiselwa elutanjeni ngennyawo zake;
wohamba ngokwake pezu kwesisinga. 9
Isibata somti rintyi ngesitende; umgibe
uya kumbamba. 10 Intambo yawo ifihle-
lwe emhlabeni, nennqambu yawo pezu
kwendhlela. 11 Izoyikiso ziya kumtusa
ngamacala onke, zimsabise ngennyawo
zake. 12 Amandhla ake olanjiswa; nen-
tshabalaliso yoba ilungile ngecala lake.
13 Yodhla imisipa yenklonze yake; owa-
mazibulo wokufa wodhla izito zake. 14
Itemba lake liya kuncotulwa ententeni
yake; waeya kubanjiselwa kukumkani



University of Fort Hare
Together in Excellence

wezoyikiso. 15 Zohlala ententeni yake,
izo ingabi yeyake; isufure iya kutshizwa
pezu kwekaya lake. 16 Ngapantsi ingca-
mbo zake ziya kwoma; ngapezulu amasebe
ake onqanyulwa. 17 Inkunjulwa yake
iya kububa elizweni; akayi kuba negama
nangapandhle *kwalo.* 18 Baya kumcita
ekukanyeni aye ebumnyameni, bamgxote
emhlabeni omiwayo. 19 Akuyi kubako
'nyana kuye nesalamane pakati kwabantu
bake; akuyi kubako noseleyo emizini
yake. 20 Abasemva bati nqa pezu kwom-
hla wake, nabapambili babanjwa ku-
kuhlatyuzela. 21 Okunene zinjalo inklalo
zolimenemene; injalo ke indawo yake
ongamaziyo UTIXO.

19 WAZA wapendula u-Jobi, wati:
2 Kwoda kube ninina niya kubi-
ndisa umpefumlo wami, nindityumze nga-
mazwi? 3 Lamaxesha alishumi nindihla-
zisile: anidanile *ukuba* nindipata kakubi.
4 Kodwa okunene noko ndiposisileyo,
isiposo sami sihleli nami. 5 Ukuba oku-
nene niya kuzenza bakulu ngakumi, nipi-
kise ngakumi isigxekwa sami; 6 yazini
kaloku ukuba NGUTIXO ondipenuleyo, wa-
ndipahla ngotambo lwake.
7 Bona ke, ndiyabiza ngobudhlwengu,
kanti andamkeli impendulo; ndiyakala,
kanti aluko ugwebo. 8 Umendo wami
uwubiyile, ize ndingadhluli; nasezindhle-
leni zami ububekile ubumnyama. 9 U-
ndihlubile ubungcwalisa bami; nesitsaba
senkloko yami usisusile. 10 Undicitile
ngamacala onke, ndimke ke; netemba lami
ulinyotule njengomti. 11 Uvutisile nga-
kumi ingqumbo yake; uyandibala ngokuba
njengentshaba zake kuye. 12 Ayeza ku-
nye amabandhla ake, apakamise ngakumi
indhlela yawo, ati waca ngokungqonga
intente yami. 13 Abazalwana bami uba-
fudusile kude kumi; nabandaziyo baqipu-
kelene kanye nami. 14 Abalamane bami
bancamile; nabazane bami bandilibele. 15
Abo bapambukele endhlwini yami, nezica-
kakazi zami, bayandibala ngokuba ngowa-
semzini; ndingowelinye ilizwe emehlweni
abo. 16 Ndabiza isicaka sami, kanti asi-
sabelanga; ndataruzisa kuso ngomlomo
wami. 17 Ummoya wami usisimangaliso
kumfazi wami, nokubongoza kwami kuba-
ntwana besizalo esandizalayo. 18 Kwa
nentsatshana zindidelile; ziti ndakusuka,
zandul' ukuteta ngakumi. 19 Onke amako-
lwane ami andizondile; nabo ndabatanda-
yo bajikile ngakumi. 20 Amatambo ami
ate nama enklonzeni yami nasennyameni
yami; kendasinda ngenklonze yamazinyo
ami. 21 Taru, taru, nina 'zihlobo zami!
ngokuba isandhla SIKATIXO sindibetile. 22
Yinina ukuba ninditshutshisa NJENGOTIXO,
nokuba ningancanyiswa yinnyama yami?
23 Akwaba amazwi ami abe kwa kaloku
ebàlwa ke! akaba abeqingqelwa encwa-
dini! 24 ngesiqingqiso sesincete kunye
nelode, aqoqelwe eweni ngonapakade!
25 Ngokuba ndisazi mina ukuba umkululi
wami uhleli, nokuba ekupeleni wosuka
eme pezu kwomhlaba: 26 nokuba *okuya*
emveni kwenklonze yami kubujisiwe *umzi-
mba* lo, ndoti noko kwa sennyameni yami
ndibone UTIXO; 27 endiya kumbona mina
ngokwami, namehlo ami aya kumkangela,
engenguye owasemzini: ziyapelela *oku*
izintso zami pakati kwami.
28 Ngokuba ninge nisiti: Siyamtshu-
tshisela nina? ingcambo yendawo ifunye-
nwe kumi nje. 29 Zoyikeleni ngennxa
yerele; ngokuba umsindo *ubang'* ukwo-
hlwaya kwerele; ukuze nazi ukuba kuko
ukugweba.

20 WABUYA wapendula u-Tsofare um-
Nahama, wati:
2 Ngako oko izicingo zami ziyandipe-
ndulisa, nangennxa yokunxama kwami
okukumi. 3 Ukukalimela okundihlazisayo
ndikuvile; ngako ummoya wengqondo
yami wondipendulela.
4 Oku *akukwazi* na, kwa kudala nje,
kuseloko kwabekwayo umntu pezu kwom-
hlaba, 5 ukuba ukuvuyelela kwabako-
hlakeleyo kufutshane, nokuba ukugcoba
kwomginwa kokwepanyazo? 6 Nakuba
ukupakama kwake kunyukela ezulwini,
nenkloko yake ifikelela emafini; 7 uya ku-
buba *noko* njengelake ilindhle kude kube
ngunapakade: abo bamboniieyo boti: U-
pina? 8 Uya kubaleka njengepupa, anga-
funyanwa ke; waeya kugxotwa njengom-
boniso wobusuku. 9 Iliso elamkangelayo
aliyi kupinda *ukumkangela;* nendawo yake
yona ayiyi kubuya imbone. 10 Abantwa-
na bake bonxenxezela amahlwempu; ewe
ezake izandhla ziya kubuyisa ubutyebi
bake. 11 Amatambo ake azele *sisono* so-
bufana bako, esiya kulala pantsi nayo elu-
tulini.
12 Nakuba inkohlakalo imnandi emlo-



University of Fort Hare

nyeni wake, ayifihle ngapantsi kwolwimi
lwako, 13 ayilondoloze, angayiyeki noku-
yiyeka, koko ayibambe isepakati kweku-
hlangubo lake, 14 ukutya kwake kwogu-
qulelwa ematunjini ake, kwoba yinnyongo
yamaramba embilini wake. 15 Ubutyebi
ubuginyile, kanti wobuya abuhlanze; UTIXO
wobukupa esiswini sake. 16 Ubuhlungu
bamaramba uya kubumunguunya; ulwimi
lwennyushu luya kumbulala. 17 Akayi
kubonela imijelo,—imisinga yemilanjana
yobusi namasi. 18 Inzuzo *yake* woyibuyi-
sa, angayiginyi; kwobuyekezwa ngokwo-
butyebi *bake*, angageobi ke. 19 Ngokuba
encinezele walahla amahlwempu, indhlu
ayipangileyo akayi kuyaka. 20 Ngokuba
ebengakwazi ukwonwaba embilini wake,
akayi kusindisa 'nto yokunqwenela kwake.
21 Bekungeko naliva ekutyeni kwake;
ngako oko abuyi kuqina ubutamsanqa bake.
22 Ekuzaleni kwobuninzi bake woba selu-
xinezelweni; izandhla zabalusizi bonke
zoza pezu kwake. 23 Kwobako into yo-
kuzalisa isisu sake; *u-Tixo* uya kutuma
pezu kwake ubushushu bomsindo wake,
*abu*nise pezu kwake ekudhleni kwake. 24
Uya kusaba isikali sesincete; siya kumba-
dhluza isipeta sexina. 25 *Utolo* luyarolwa,
luyapuma emzimbeni, nerele elibengezela-
yo ennyongweni yake; uyemka, izituso
zipezu kwake. 26 Ubumnyama bonke
bubekelelwa izinto zake ezibekelweyo;
uya kumgqiba umlilo ongavutelwanga;
woza elishweni lowo useleyo ententeni
yake. 27 Izulu liya kutyila inkohlakalo
yake, nomhlaba wopakama ngakuye. 28
Indyebo zendhlu yake ziya kumka,—ziku-
kuliswa emhleni womsindo wake. 29 Oku
kusisabelwa somntu okohlakeleyo sivela
KUTIXO, nelifa lokumiselwa kwake NGU-
TIXO.

21 WAZA wapendula u-Jobi, wati:
2 Kutalani ukupulapula isiteto sa-
mi; makuti oku kube zizonwabiso zenu.
3 Ndinyamezeleni, ndandiya kuteta; uti
emveni kwokuteta kwami uhleke. 4 O-
kwami, ukukalaza kwami kusemntwini na?
nokuba *bekunjalo*, kunganina ukuba ummo-
ya wami ungabi nakucapuka? 5 Kange-
lani kumi, niti nqa, nibeke isandhla pezu
kwomlomo. 6 Kwa ndisakumbula ndino-
kunkwantya; innyama yami iyabanjwa
kukungcangcazela.
7 Kunganina ukuba abakohlakeleyo ba-
dhle ubomi, bakule ebudaleni, ewe bande
ebutyebini? 8 Inzalo yabo iyamiswa ebu-
sweni babo kunye nabo, nabazukulwana
babo pambi kwamehlo abo. 9 Izindhlu
zabo zonwabile kungeko 'kwoyika; kanjalo
intonga KATIXO ayipezu kwabo. 10 Inku-
nzi yabo iyazeka, ingali ke; imazi yabo
iyazala, ingapunzi ke. 11 Intsatshana
zabo bayazikupa njengomhlambi, naba-
ntwana babo bayadhloba. 12 Bayapaka-
misa *ilizwi* ngentambula nohadi, bagcobela
inkhokoma yomlozi. 13 Bayagqiba imihla
yabo ebutamsanqeni, bade bati gqwe uku-
hlela enewabeni. 14 Bati noko KUTIXO:
Pambuka kuti; ngokuba ukwazi indhlela
zako singakutandi. 15 Uyinina USOMA-
NDHLA, ukuba simkonze? kanjalo siya ku-
ncedwa 'nto nina, ukuba sitandaze kuye?
16 Bona ke, ubutamsanqa babo abuse-
sandhleni sabo. Iqinga labakohlakeleyo
malibe kude kumi! 17 Kufuti kangaka-
nanina ukuba isibane sabakohlakeleyo si-
yacinywa, nokuba intshabalalo yabo iya-
bafikela? *u-Tixo* uya*ba*bela inklungu ngen-
gqumbo yake. 18 Banjengennca pambi
kwommoya, nanjengomququ okukuliswayo
sisaqwiti. 19 UTIXO uyabekelela abantwa-
na bake inkohlakalo yake; uyabuyekeza
kuye, uti yena akwazi. 20 Awake amehlo
ayabona ingozi yake; uyasela emsindweni
WOSOMANDHLA. 21 Ngokuba enennyame-
kelo yanina kwindhlu yake emveni kwake,
lakuba liso linqanyulwa inani lennyanga
zake?
22 Kwofundiswa UTIXO ukwazi na, lowo
ogweba abapezulu nje? 23 Omnye uya-
buba ennyweberi enkulu, onwabile kanye,
enqabile. 24 Amacala ake azele linqata,
nommongo wamatambo ake unyakamile.
25 Omnye uyabuba eburareni bompefumlo,
engezanga abudhle ubutamsanqa. 26 Ba-
yafana ukulala kwabo elutulini; impetu
ziyabagubungela *bobabini*.
27 Bona ke, ndiyazi izicamango zenu,
namaqinga enindibandezela *ngawo*. 28
Ngokuba nisiti: Ipina indhlu yenkosi?
zipina intente zokuhlala kwabakohlakele-
yo? 29 Anizanga nibuze na abo badhlula
endhleleni? nempau zabo anizazi na;—
30 ukuba okohlakeleyo ulindiselwa imini
yentshabalalo; *ukuba* bayatwalelwa emmi-
ni yomsindo? 31 Ngubanina oya kuxela
ngasebusweni bake indhlela yake? akuye-
nza *into*, ngubanina oya kupindezela kuye?
32 Kwa yena uyatwalelwa emanewabeni;



University of Fort Hare
Together in Excellence

napezu kwemfumba kuyalindwa. 33 Amna-
ndi kuye amagada entili; bonke abantu
botsalela emva kwake, njengapambili kuye,
bengenakubalwa. 34 Yinina ngoko ukuba
nifumana ninditutuzela, kusele ubumene-
mene nje ezimpendulweni zenu?

22 WANDULA wapendula u-Elifazi um-
Temani, wati:
2 Indoda ingamnceda UTIXO na, njengo-
kuba olumkileyo ezinceda? 3 Kungumhlali
KUSOMANDHLA na ukuba ulungile? ku-
yinzuzo kusinina, ukuba uzenze indhlela
zako zifezekile? 4 Kungennxa yokukwo-
yika aya kupika nawe na? wongena nawe
ekugwebeni na? 5 Asi yenkulu na inko-
hlakalo yako? nezono zako *asi* zezingena-
sipelo na? 6 Ngokuba utabatile umba-
mbiso kubazalwana benu kungeko 'tuba,
nabazé ubahlubileyo izivato zabo. 7 Ocu-
bukileyo akumsezanga ngamanzi, nolambi-
leyo umvimbile isonka. 8 Kanti indoda
yamandhla umhlaba ubungowayo; nomntu
obukiweyo wahlala kuwo. 9 Abahlolokazi
ubandulule zé, nenkedama ingalo zazo
zityunyuzwe. 10 Ngako oko urauliwe yi-
migibe; siti isoyiko sikutuse ngokubaqa:
11 umhlaumbi bubumnyama, ude unga-
boni, ize ingxokolo yamanzi ikugubu-
ngele.
12 UTIXO akasenyangweni yezulu na?
kaukangele ukuba pezulu kwenkwenkwezi,
ukupakama kwazo! 13 Kanti ute: Angati
nina UTIXO ukwazi? Angagweba emva
kwesitokotoko na? 14 Amafu abungqi-
ngqwa ayintsiteliso kuye, ukuba akaboni;
uyahamba pezu kwesazinge sezulu. 15
Uke wagqala na indhlela yakudala, leyo
bayinyatelayo abantu abakohlakeleyo?
16 ababebanjiwe lingekabiko ixesha nje;
umsinga ubugalelwa pezu kwesisekelo sa-
bo: 17 ababesiti KUTIXO: Pambuka kuti;
nakanjako: Angenza 'nto nina USOMANDHLA
kuti? 18 nangona ebenguye owazalisayo
izindhlu zabo ngobutyebi. Kodwa, iqinga
labakohlakeleyo malibe kude kumi! 19
Bayabona abalungileyo, bavuye ke; omsu-
lwa uyabahleka, *esiti:* 20 Ngennyaniso
abasisukeleyo batshatyalalisiwe; nesisalela
sabo umlilo usidhlile.
21 Uz' uti ke wazane naye, ube noxolo;
ngezi*zinto* kuya kuza kuwe okulungileyo.
22 Zuwamkele umteto emlonyeni wake,
uwabekele amazwi ake enkliziyweni yako.
23 Nxa ubuyelayo KUSOMANDHLA, uya kwa-
kiwa; inkohlakalo uya kuyikwelelisa kude
ezintenteni zako. 24 Uze ubeke igo-
lide pezu kwotuli, neyase-Ofire pakati
kwembokoto zemilanjana: 25 waye USO-
MANDHLA eya kuba zigolide zako, nemfu-
mba zesilivere kuwe. 26 Ngokuba oko
uya kuziyolisa KUSOMANDHLA, upakamisele
KUTIXO ubuso bako. 27 Uya kutandaza
kuye, wokuva ke; nezibambiso zako uya
kuzifeza. 28 Ewe, uya kwahlula into,
yaiya kuqiniswa kuwe; napezu kwendhle-
la zako kwokazimla ukukanya. 29 Nxa
batotyelwa pantsi, woza uti: *Kuko* ukupa-
kama; waeya kumsindisa okedamileyo.
30 Uya kumsindisa ongemsulwa; oya ku-
sindiswa ngobumhlope bezandhla zako.

23 WAZA wapendula u-Jobi, wati:
2 Kwa namhla nje isikalazo sami
siburara; isibetwa sami sinzima ngapezu
kwokugula kwami. 3 Andabi ndibe ndi-
sazi apo ndingamfumana kona! ndinge
ndisiza kwa sesihlalweni sake. 4 Ngendi-
lungiselela ityala *lami* pambi kwake;
nomlomo wami ngendiwuzalisa ngezizatu.
5 Ngendiwazi amazwi aya kundipendula
ngawo; ndiqonde into aya kuyiteta kumi.
6 Kungobukulu bamandhla na uya kupika
nami? Hai ke; uya kubeka *amandhla*
kumi. 7 Apo ke olungisayo angapikisana
naye; ngako ngendigqibela ukusinda em-
gwebini wami. 8 Bona ke, ndiya ngasem-
pumalanga, kodwa akako *kona;* nanga-
sentshonalanga, kodwa andingemqiqe; 9
ngasenode, apo asebenzela kona, kodwa
andinge*m*kangele: uyazisibekelisa ngase-
suyide, ukuba andinge*m*bone.
10 Kodwa uyazi indhlela endinayo;
*akuba* endilingile, ndiya kuvela njengego-
lide. 11 Unyawo lwami lubambile um-
kondo wake; indhlela yake ndiyigcinile,
andipambukanga ke. 12 Umyalelo wom-
lomo wake andimkanga na*kuwo;* ngapezu
kwowami ummiso ndizibekele iziteto zom-
lomo wake.
13 Kodwa uyedwa yena, ngubanina ke
ongamnqandayo? oko umpefumlo wake
ukukanukayo, uya kukwenza kona. 14
Ngokuba eya kufeza okundimiselweyo:
zinaye nezinninzi izinto ezinjalo. 15 Nga-
ko oko ndinevuso pambi kwobuso bake;
ndakugqala, ndiyamoyika. 16 Ngokuba
UTIXO eyenza 'butataka inkliziyo yami; USO-
MANDHLA uyanditusa: 17 ngennxa yokuba
bendinganqanyulwa bungekabiko ubu-



University of Fort Hare

mnyama, nokuba engagubungelanga isito-
kotoko ebusweni bami.
24 Kunganina pofu, amaxesha engamfi-
hlelwe USOMANDHLA nje, ukuba aba-
maziyo bangaboni imihla yake? 2 *Kuko*
*a*bashenxisa imida; bayapanga umhlambi,
bawaluse. 3 Iqwarashe lenkedama bayali-
timba, nenkabi yomhlolokazi bayayitabata
ibe ngumbambiso. 4 Bayasonga abaswe-
leyo endhleleni; amahlwempu elizwe
enzwa azimele ndawonye. 5 Bona ke,
*njenga*maqwara enklango, bayapumela em-
sebenzini wabo, befuna kusasa into yoku-
tya; ubala lusisonka sabantwana kubo. 6
Bayavuna amazimba abo emasimini *abanye*,
babute esitiyeni semiti yeveyine sokohla-
keleyo. 7 Bayalalisa zé, bengenangubo;
abanasigubungelo engqeleni. 8 Ngesipa-
ngo sentaba banetile; nangokuswela inda-
wo yokupepela bayasingata iliwa.
9 *Abanye* bayamtyutula kwa sebeleni
ofelwe nguyise, napezu kwehlwempu
bayabeka umbambiso. 10 Bayahamba zé
bengenangubo; belambile bayatwala izi-
tungu; 11 bayenza ioli pakati kwendonga
zabo; bayaxovula izincinezelo zeveyine,
benxaniwe noko.
12 Esixekweni amadoda ayagula, nom-
pefumlo wabazinnxwelera uyakala; kanti
UTIXO akabeki ityala. 13 Kuko abavuke-
lana nokukanya; abazazi indhlela zako,
abahlali nasemizileni yako. 14 Kunge-
kasi kuvuka umbulali; uyasika olihlwe-
mpu nosweleyo; nasebusuku unjengesela.
15 Kanjako iliso lomrexezi liyalinda u-
ncwalazi, esiti: Akuko 'liso eliya kundi-
bona; uyafaka ubuso isigqubutelo. 16
Ebumnyameni bayagqoboza ezindhlwini;
emini bayazivalela; abazani nokukanya.
17 Ngokuba kubo ukusa kufana nesitunzi
sokufa; nxa baziwayo, izituso zesitunzi
sokufa *zibahlela*.
18 Lowo unamendu pezu kwobuso ba-
manzi; siqalekisiwe isabelwa sabo ba-
semhlabeni; akabeki ngasendhleleni yemi-
yezo. 19 Ukwoma nobushushu buyaku-
kulisa amanzi engqweqwe; *kwa njalo*
incwaba *liyasusa* abo aboniIeyo. 20 Isizalo
siya kumlibala; woba kukutya okumnandi
kwimpetu: akasayi kubuya akunjulwe; iti
inkohlakalo yapulwe njengomti.
21 Uyapata kakubi oludhlolo, ongaza-
liyo; nomhlolokazi akamenzeli okulungi-
leyo. 22 Uyasusa abomeleleyo ngama-
ndhla ake; akupakama, akuko namnye
otembayo ebomini. 23 Uyanikwa ukuba
abe sekunqabeni, ayamele *kona*: kodwa
amehlo ake apezu kwendhlela zabo. 24
Bayapakanyiswa kube ngumzuzwana, ko-
dwa bahla bangabiko; bayatotywa pantsi;
njenga*banye* bonke bayabutwa; nanjenge-
zikwebu zapezulu bayanqanyulwa.
25 Ukuba akunjalo ke, ngubanina oya
kundenza ixoki, nesiteto sami asenze
into engento?

25 WANDULA wapendula u-Biledadi
um-Shuha, wati:
2 Ubukosi nolwoyikeko lunaye; uya-
lwenza uxolo ezinnyangweni zake. 3 Ku-
ngabalwa na imikosi yake? kanjalo kupezu
kwobanina kungapumiyo ukukanya kwa-
ke? 4 Angati nina ke umntu ukuba
ngokulunga pambi KWOTIXO? angati nina
ke ukuba nokuhlambuluka ozelweyo
ngumfazi? 5 Bona ke, kwa inyanga,
ayikanyi ke; nenkwenkwezi, azimhlope
emehlweni ake. 6 Kancinane kangaka-
nanina ngakumbi ke umntu—into eyim-
petu! nonyana woluntu—into engumsu-
ndu!

26 WAZA wapendula u-Jobi, wati:
2 Ute nina ukumnceda lowo onge-
namandhla, nokuyisiza ingalo engenakwo-
melela! 3 Ute nina ukumcebisa ongena-
bulumko, nokwazisa ukuba njalo kwen-
dawo ngokukolisa! 4 Uwaxele ngobanina
amazwi *lawo*? ngummoya kabanina owa-
puma kuwe?
5 Abafileyo bayangcangcazela,—*indawo*
ezipantsi kwamanzi, nabemi bazo. 6 Iha-
desi izé pambi kwake; nentshabalalelo
ayinaso isigubungelo. 7 Uyolula inode
pezu kwokungendawo; uyaxoma umhlaba
pezu kwokungento. 8 Uyabopa amanzi
emafini ake abungqingqwa; alicandeki
noko ilifu ngapantsi kwawo. 9 Uti vingci
ubuso beterone; uyatwabulula ilifu lake
pezu kwayo. 10 Umda ojikelezayo uwe-
nzile pezu kwobuso bamanzi, kude ku-
pele ukukanya ebumnyameni. 11 Intsika
zezulu ziyadidiza; ziti nqa ngokukali-
mela kwake. 12 Ngamandhla ake uyazo-
lisa ulwandhle; nangayo ingqondo yake
uliti kahla iratshi. 13 Ngomoya wake
uwakazimlisile amazulu; isandhla sake
sadala innyoka ebalekayo.
14 Bona ke, le yimida yendhlela yake;
kanjalo yintsebezo engakanana yelizwi



University of Fort Hare
Together in Excellence

esiyivile ngaye! kodwa ududumo lwama-
ndhla ake ngubanina ongaluqiqayo?

27 WALEKELA u-Jobi wahambisa isi-
teto sake, wati:
2 Ehleli nje UTIXO, osusileyo ibango
lami, NOSOMANDHLA, owenze rara umxèlo
wami; 3 kwa lonke ixesha umpefumlo
wami ukumi, nommoya KATIXO usempu-
mlweni yami; 4 awusayi kuteta umlomo
wami ubumenemene, nolwimi lwami aluyi
kuxela inkohliso. 5 Makube kude kumi
ukuba nditi niyalungisa: kwa kude ndi-
bubo andisayi kushenxisa kumi ubunene
bami. 6 Ubulungisa bami ndiyabubamba;
andiyi kubuyekelela: inkliziyo yami ayi-
*ndi*tukeli namnye wemihla yami.
7 Olutshaba lwami makabe njengoko-
hlakeleyo, nondisukelayo njengolimene-
mene. 8 Ngokuba liyinto nina itemba
lomginwa, nakuba aqwebayo, okuya UTIXO
aya kuhluta umpefumlo wake? 9 Uku-
kala kwake wokuva na UTIXO, akufikelwa
bubunzima? 10 Woziyolisa KUSOMANDHLA
na? uya kubiza KUTIXO ngamaxesha onke
na?
11 Ndonifundisa ngokwesandhla SIKA-
TIXO; oko kukuye USOMANDHLA andiyi ku-
kusitelisa. 12 Bona ke, nina nonke niku-
bonile ngokwenu: kunganina ngoko ukuba
nibidizo kangaka? 13 Oku kusisabelwa
somntu okohlakeleyo KUTIXO, nelifa laba-
bandezeli abalamkelayo KUSOMANDHLA. 14
Ukuba baya kwanda abantwana bake, *baya
kwand*ela irele; nabazukulwana bake abayi
kuhluta sisonka. 15 Abo bamsaleleyo bo-
newatyelwa ekufeni, nabahlolokazi bake
abayi kulila. 16 Ukuba uya kufumbelela
isilivere njengotuli, alungise nezivato nje-
ngodongwe; 17 angazilungisa ke, ko-
dwa olungileyo wozambata, nesilivere
ongenatyala uya kuyaba. 18 Indhlu yake
uyakile njengenundu, nanjengepempe aye-
nzayo umlindi. 19 Osityebi wolala pa-
ntsi, kanti akuyi kubutelwa; uyavula ame-
hlo ake, akaseko. 20 Izituso ziya kumfu-
mana njengamanzi; isaqwiti siyamtimba
ebusuku. 21 Ummoya wasempumalanga
uyamsusa, emke ke; owe uyamkukulisa
endaweni yake ngoqwitela. 22 Ngokuba
*u-Tixo* eya kuposa pezu kwake, engenan-
nceba nje; wonga angasaba esandhleni
sake. 23 *Abantu* baya kwenza inklombe
ngezandhla zabo pezu kwake, bamenzele
namakwelo *apume* endaweni yake.

28 Okunene kuko isipumelo kwisilivere,
nendawo kwigolide *a*bayicokisayo.
2 Isincete siyasuswa ehlabatini, nelitye
liyanyibilikiselwa ubedu. 3 Uyabekela
ubumnyama inncamo; kwa kude kupele
kanye uyapanda amatye esitokotoko nesi-
tunzi sokufa. 4 Uyanqikela ituba kude
nalapo kumiwayo; belityelwe lunyawo,
bayalengalenga; bekude nabantu, baya-
jingajinga. 5 Umhlaba, kupuma kuwo
isonka, nangapantsi kwawo, kupenulwa
okungati ngumlilo. 6 Yindawo yesafire
amatye awo; namagada egolide akuyo.
7 Indhlela, akuko 'ntakakazi eyaziyo yo-
na; neliso lexalanga aliko liyikangele;
8 aziyinyatelanga izilo eziratshileyo; a-
yidhlulanga pezu kwayo ingonyama e-
nomsindo. 9 Uyolula isandhla sake pezu
kwelitye elilukuni; uyapenula intaba kwa
sezingcanjeni *zazo*. 10 Pakati kwelwalwa
uyacandela imijelo; nako konke okunqa-
bileyo liyakubona iliso lake. 11 Uyavi-
ngca izelo, zingacapazi; nokufihlakeleyo
uyakukupela ekukanyeni.
12 Kodwa ubulumko, kupina buya
kufunyanwa? ipina ke indawo yengqo-
ndo? 13 Akwaziwa ngumntu inani labo;
abufunyanwa elizweni labahleliyo kanja-
lo. 14 Inzulu iti: Abuko kumi; nolwa-
ndhle luti: Abuko nami. 15 Igolide enqa-
bileyo ayiyi kunikwa esikundhleni sabo;
nesilivere ayiyi kulinganiselwa ixabiso
labo. 16 Abungelinganiswe negolide yase-
Ofire, nesadonutse enqabileyo, nesafire.
17 Igolide nekrisitale aziyi kufaniswa
nabo; nokwanana kwabo *akuyi kuba* ngem-
pahla zegolide ecokisiweyo. 18 Akuyi
kukankanywa ikorali neperule; nokuzu-
zwa kwobulumko kupezu kwokwerubi.
19 Itopaze yakwa-Kushe ayiyi kufaniswa
nabo; abuyi kulinganiswa negolide enkle.
20 Kodwa ubulumko, buvela pina? nen-
dawo yengqondo ipina ke? 21 bufihla-
kele nje emehlweni abo bonke abahleliyo,
busitele nasezintakeni zezulu. 22 Intsha-
balalelo nokufa kuti: Udumo lwayo silu-
vile ngendhlebe zetu.
23 UTIXO uyaqonda indhlela yabo, uya-
yazi yena indawo yabo. 24 Ngokuba eka-
ngela ngasezinncameni zomhlaba; uyabona
ngapantsi kwezulu lonke. 25 Akuba ebe-
wenzela ummoya ubunzima, namanzi
wawacwangcisa ngomlinganiso; 26 uxa
wenzelayo imvula ummiso, nombane
wendudumo indhlela; 27 wandula wabu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

bona, wabushumayela; wabuqinisa, ewe,
wabupengulula. 28 Wayesiti kuye umntu:
Bona ke, ukwoyika INKOSI, oko kububulu-
mko; nokumka enkohlakalweni kuyingqo-
ndo.

29 WALEKELA u-Jobi wahambisa isi-
teto sake, wati:
2 Akwaba kwakunjalo kumi njengase-
zinnyangeni zapambili, njengasemihleni
wandigcinayo UTIXO; 3 sakukazimla isi-
bane sako pezu kwenkloko yami, *ndakuba*
ngokukanya kwake ndacanda ubumnyama:
4 njengokuba bendinjalo emihleni yoku-
cuma kwami, nxa inkolelo KATIXO ibipezu
kwentente yami; 5 nxa USOMANDHLA abe-
seko nami, bandingqonga abafana bami;
6 nxa ndabendihlanza izihambo zami nga-
masi, lati iliwa latulula ngakumi imila-
njana yeoli!
7 Ndati ndakupumela esangweni ngase-
sixekweni, nesihlalo sami ndasimisa en-
kundhleni; 8 amadodana andibona, azi-
mela; namaxego esuka, ema. 9 Inkosana
zawabamba amazwi, zabeka isandhla pezu
kwomlomo wazo. 10 Amanene ilizwi la-
wo latiwa ewaka, nolwimi lwawo lwana-
matela ekuhlangutyeni lawo. 11 Yaku-
*ndi*va indhlebe, yandul' ukunditamsanqe-
lisa; laku*ndi*bona iliso, landul' ukundinqi-
nela: 12 ngokuba ndabendisindisa ihlwe-
mpu elakalayo, kwa nenkedama, nonge-
namncedi. 13 Isitamsanqeliso sobebuba
seza pezu kwami; nenkliziyo yomhlolokazi
ndayenza ivume ngovuyo. 14 Ndambata
ubulungisa; bona bazivatisa ngami; lwa-
lunjengengubo nonkontsho ngwebo lwami.
15 Bendingamehlo kwimfama, nennyawo
kwisiqwala. 16 Bendinguyise kwabaswe-
leyo; netyala *lalowo* bendingamazi ndali-
funisela. 17 Ndawapula amabamba oli-
menemene, nasemazinyweni ake ndayiti
kahla impango. 18 Ndaza ndati: Okunene
ndobubela endhlwini yami, ndiya kwa-
ndisa imihla njengenklabati: 19 ingcambo
yami ivulekele emanzini, uti umbete ula-
lise esebeni lami: 20 ubungcwalisa bami
buyatwasa kumi, nesipeta sami siyahla-
ziywa esandhleni sami.
21 Bandibekela indhlebe, balinda ke;
bati tu ngennxa yecebo lami. 22 Emveni
kwelizwi lami ababuya batete; kwato-
ntsela pezu kwabo isiteto sami. 23 Ba-
bendilindela njengokuba *kulindelwa* im-
vula; bayakamisa imilomo yabo *njengokuba*
*kusakanyis*elwa imvula yasemva. 24 Nda-
kubancumela, babengenakukolwa; noku-
kanya kwobuso bami babengakuwisi. 25
Ndanyula indhlela yabo, ndahlala eyin-
kosi; ndema njengokumkani ebandhleni,
njengotutuzelayo abalusizi.

30 Kodwa kaloku, bayandihleka abami-
hla mincinane kweyami, abayise nge-
ndicekisile ukubabeka ndawonye nezinja
zomhlambi wami. 2 Kwa amandhla eza-
ndhla zabo, ayinto nina kumi, abo babuje-
lweyo bubudala obuzeleyo? 3 ngentswelo
nangokulamba becontile! abasabela ezweni
elomileyo, ebumnyameni bokucitakala no-
kutshabalala; 4 abaqaula umfuno otyuwara
ngasetyolweni; nabakutya kuzingcambo
zemiti yeroteme. 5 Bagxotwa pakati *kwa-*
*bantu*, (abamemeza ngakubo njengakulo
isela,) 6 ukuya kuhlala emifuleni eyoyi-
kekileyo, eminxunyeni yomhlaba namawa.
7 Bayakonya pakati kwamatyolo; bayafu-
mbalala ngapantsi kwamarau. 8 Abantwa-
na bobubedengu, ewe, abantwana bokunge-
nagama! bagqogqwa elizweni.
9 Kanti kaloku, ndiba yingoma yabo;
ewe, ndiba ngumzekeliso kubo. 10 Baya-
ndizonda; bayashenxa kude kumi; aba-
bambi namate ebusweni bami. 11 Ngo-
kuba ecumbulule intambo yake, wandiba-
ndezela, nabo bawulahlile umkala pambi
kwami. 12 Ngasekunene bayasuka aba-
fana; bayasunduza innyawo zami; baya-
posela ngakumi indhlela zabo zokutshaba-
lalisa. 13 Bayacita umendo wami; baya-
hambisa ilishwa lami; akuko 'mncedi
kubo. 14 Njengaselutandeni olubanzi ba-
yangena; ngapantsi kwengcitakalo baya-
ziqengqa. 15 Izituso zijikile ngakumi;
ziyasukela ubukosi bami njengommoya;
nanjengelifu idhlulile innyweba yami.
16 Nakaloku, umpefumlo wami upalele
pezu kwami; imihla yembandezelo indi-
bambile. 17 Ebusuku amatambo ami aya-
hlatywa kumi; nemisipa yami ayinaku-
lala. 18 Ngobukulu bamandhla *esifo sami*
kwenziwe ngakumbi isivato sami; siya-
ndibinqa njengebenqo lehempe yami. 19
Undikahlele eludakeni, ndide ndafana no-
tuli notutu. 20 Ndiyabizela kuwe, kauti
akundipenduli; ndiyasuka ndime, kauti
akundigqali. 21 Uzenze 'bunqola kumi;
ngamandhla esandhla sako uyandizonda.
22 Uyandifunqulela emmoyeni; uyandi-
kwelisa *pezu kwawo*, ugqibele ukundinyi-
bilikisa. 23 Ngokuba ndikwazi ukuba



University of Fort Hare
Together in Excellence

uya kundizisa ekufeni, nasendhlwini emi-
selwe bonke abahleliyo. 24 Ewe, akuko
'kutandaza, akwolula isandhla *sake*, na-
kuba ekububiseni kwake bakalayo. 25
Andililanga na pezu kwomihla inzima?
ubungenabuhlungu umpefumlo wami na
pezu kwosweleyo? 26 Ndakukangela ubu-
tamsanqa, kwandul' ukufika ububi; nda-
kulinda ukukanya, kweza ubumnyama.
27 Amatumbu ami abilisiwe, engabanga
nakuzola; imihla yembandezelo indiba-
qile. 28 Ndihambile ndimdaka, kunge-
ngalo ilanga; ndipakamile enklanganiswe-
ni, ndakala ke. 29 Ndiba ngumzalwana
kwimpungutye, nomlingane kwinnciniba-
kazi. 30 Inklonze yami iba mnyama *yo-
buke* kumi; namatambo ami atshile bubu-
shushu. 31 Kanjalo uhadi lwami lugu-
qulwe lwaba lusizi, nomlozi wami waba
lilizwi labalilayo.

31 Ndenze ucebano namehlo ami; nge-
ndisiti nina ngoko ukukumbulela
intombi? 2 Ngokuba siyinina isabelo SI-
KATIXO sivela pezulu, nelifa LOSOMANDHLA
livela ezinnyangweni? 3 Intshabalalo asi
yeyake olimenemene na? nelishwa *asi* le-
labo abasebenzi benkohlakalo na? 4 Aka-
ziboni na yena indhlela zami? nawo onke
amanyatela ami akazibali na? 5 Ukuba ndi-
hambile nobuxoki; ukuba unyawo lwami
lukaulezele enkohlisweni; 6 mandilinga-
niswe esilinganisweni esilungeleleneyo,
ukuze abazi UTIXO ubunene bami. 7 Ukuba
kutyekile endhleleni ukuhamba kwami,
ukuba inkliziyo yami ilandele amehlo
ami, ukuba kunamatele ezandhleni zami
isidyobo; 8 mandihlwayele mina, adhle
omnye; nezityalo zami mazinyotulwe. 9
Ukuba inkliziyo yami ihendelwe emfazini,
ukuba ndilalele ngaselucangweni lwom-
melwane wami; 10 makasilele omnye
umfazi wami, napezu kwake mabatobe
pantsi abanye. 11 Ngokuba oko kuyinto
ebunewangu; ewe, oko kusisono *esibang'*
abagwebi. 12 Ngokuba kungumlilo kona;
bekuya kudhla kude kubujiswe; nako ko-
nke ukwanda kwami bekuya kukunyotula.

13 Ukuba ndidelile ityala lesicaka sa-
mi, nelesicakakazi sami, zakupika nami;
14 sendiya kwenza 'nto nina, nxa UTIXO
avukayo? naxeshekweni abuzayo, kuyinto
nina ndiya kuyipendula kuye? 15 Lowo
owandenzayo mina embilini, akasenzanga
na sona *naso?* asi nguye omnye osidalileyo
esizalweni na?
16 Ukuba ndibandezile ukunqwenela
kwamahlwempu, ukuba ndipelisile amehlo
omhlolokazi, 17 ukuba ndityile ndedwa
umtamo wami, nxa ingatyanga inkedama
kuwo; 18 (ngokuba kwa sebutsheni bami
ibisondhliwa ndimi njengoyise, *nomhlolo-
kazi* kwa sesizalweni sikamá ndimkapile:)
19 ukuba ndibonile umntu ebuba ngo-
kuswela into yokwambata, nolihlwempu
engenasigubungelo; 20 ukuba isinqe sa-
ke asinditamsanqelisanga, nokuba akazi-
fudumalisanga ngoboya bezimvu zami:
21 ukuba ndivivinyile isandhla sami nga-
kuyo inkedama, nxa bendibona esangweni
uncedo lwami: 22 mawuti umkono wami
ukumke egxalabeni, nengalo yami yapuke
ennqwiniba. 23 Ngokuba intshabalaliso
KATIXO ibisisituso kumi; napambi kwobu-
ngangamsha bake bendikohliwe.

24 Ukuba ndenzile igolide ingqiniso
yami; ukuba ndite kwigolide enkle: Uli-
temba lami: 25 ukuba ndandigcoba ngo-
kuba buninzi ubutyebi bami, nangokuba
sifumene inzuzo enkulu isandhla sami:
26 ukuba ndibonele ilanga lakukanya,
nennyanga yakuhamba ekukazimleni; 27
yaza inkliziyo yami yahendwa ngasese,
sada isandhla sami sangana nomlomo
wami: 28 oku nako bekuya kuba sisono
*esibang'* abagwebi; ngokuba ngendiba ndi-
kanyele UTIXO opezulu.

29 Ukuba ndigcobile engozini yobendi-
tiya, ndaza ndavuyelela kwakumfumana
ububi; 30 (kanti umlomo wami andiwu-
vumanga wone, ngokunywebelela umpe-
fumlo wake:) 31 ukuba abantu bentente
yami abatshongo ukuti: Ngubanina onga-
xelayo *umntu* ongahlutiswanga yinnyama
yake? 32 (akalalisa ngapandhle owasemzi-
ni; ingcango zami ndazivulela umhambi:)
33 ukuba ndite njengo-Adame ndagu-
bungela isigqito sami, ngokufihla inko-
hlakalo yami esifubeni sami: 34 oko, ma-
ndinkwantye isihlwele esikulu, nokudela
kwezizalwane makundimatise; ewe, ma-
nditi ewaka, ndingapumi elucangweni.

35 Akwaba bendinoya kundiva! Nalu
upau lwami! USOMANDHLA makandipendu-
le; nommangeleli wami makabàle in-
ncwadi. 36 Ngennyaniso ndinga ndiyi-
twala pezu kwegxalaba lami; ngendiyibopa
njengesitsaba kumi. 37 Ngendimxelela
inani lamanyatela ami; njengenkosi nge-
ndisondela kuye.

38 Ukuba umhlaba wami uyakala nga-



University of Fort Hare
Together in Excellence

kumi, nemisele yawo iyalila kunye; 39
ukuba ndizidhlile iziqamo zawo kungeko
imali, nabalimi bawo ndibaqaukisile umpe-
fumlo: 40 makupume inkanga esikundhleni
sennqolowa, nokula esikundhleni seralasi.
Amazwi ka-Jobi apelile.

32 KWA njalo banqamka ababantu bo-
batatu ekumpenduleni u-Jobi, ngo-
kuba ebelungile kwawako amehlo.
2 Kwandul' ukuvuta ingqumbo ka-
Elihu unyana ka-Barakeli um-Buze, owe-
sizalwane sika-Rame: ngakuye u-Jobi
yavuta ingqumbo yake, ngennxa yokuba
wazigwebela ngapezu KWOTIXO: 3 nanga-
kubo abahlobo bake abatatu kwavuta
ingqumbo yake, ngennxa yokuba bebenga-
fumananga impendulo, bamgweba u-Jobi
noko. 4 Kodwa u-Elihu ebelindisele u-
Jobi amazwi *ake*, ngokuba bona bebebadala
kuye imihla yabo. 5 Ngako akubona u-
Elihu ukuba akuko 'mpendulo emlonyeni
walomadoda omatatu, yandul' ukuvuta
ingqumbo yake.
6 Waza wapendula u-Elihu unyana ka-
Barakeli um-Buze, wati:
Mina ke imihla yami mincinane, kodwa
nina ningamaxego; ngako oko bendindwe-
ba, ndoyika ukunityela isicamango sami.
7 Ndati: Imihla inge iteta, nobuninzi be-
minyaka bunge busazisa ubulumko. 8
Kodwa kuko ummoya emntwini; nokupe-
fumla KWOSOMANDHLA kuyabanika ingqo-
ndo. 9 Asi ngabo abakulu abalumkileyo:
asi ngabo abadala abaqonda okufaneleyo.
10 Ndite ngoko: Pulapula kumi; ndiya
kutyela isicamango sami kwa mina.
11 Bona ke, ndilindile amazwi enu;
ndabekela izizatu zenu indhlebe, uxa nibe
nifunisela into yokuteta. 12 Ewe, nda-
nyameka kuni; kanti bona ke, akuko na-
mnye owanyeleyo u-Jobi, *akuko* namnye
kuni owaguqula iziteto zake: 13 hleze
nitsho ukuti: Sibufumene ubulumko:
UTIXO uyamcita, asi ngumntu. 14 Ukuba
engabekisanga ngakumi amazwi *ake*, ngako
andiyi kumpendula ngeziteto zenu.
15 Babematisiwe, ababuya bapendule;
bemkelwa ngamazwi. 16 Bendihlala ke,
ngokuba bengateti; ngokuba bete nqu-
mama, bengabuyanga bapendule. 17 Se-
ndiya kupendula nami isahlulo sami; ndi-
ya kutyela isicamango sami kwa mina.
18 Ngokuba ndizele ngamazwi; ummoya
pakati kwami uyandinyanzela. 19 Bona
ke, umbilini wami unjengeveyine engavu-
lelwanga; njengentsuba ezintsha uza ku-
gqoboka. 20 Ndiya kuteta, ndize ndibe
nokupefumla; ndovula umlomo wami,
ndipendule ke. 21 Mandingake ndibuke
ubuso bendoda; kanjalo umntu andiyi
kumbonga. 22 Ngokuba ndingakwazi uku-
bonga: ngeehla andisuse umenzi wami!

33 Kodwa noko, pulapula ke, Jobi! uku-
teta kwami, nawo onke amazwi ami
uwabekele indhlebe. 2 Bona ke, sendivu-
lile umlomo wami; kutetile ulwimi lwami
pakati kwekuhlangubo lami. 3 Amazwi
ami *ovela* ekulungeni kwenkliziyo yami;
umlomo wami woteta ukwazi ngoku-
ngcwele. 4 Umoya KATIXO undenzile; no-
kupefumla KWOSOMANDHLA kuyandinika
ubomi. 5 Ukuba ungenje njalo, ndipe-
ndule; lungiselela pambi kwami, uzimise.
6 Bona ke, ndingoKATIXO mina, njengo-
kuba unjalo wena; ndabendiqezulwa elu-
dongweni nami. 7 Isoyikeko sami asiyi
kukutusa, nesandhla sami asiyi kuba 'nzi-
ma pezu kwako.
8 Okunene utshilo ezindhlebeni zami,
nenklokoma yamazwi ndayiva, usiti: 9
Ndihlambulukile, kungeko isigqito; ndi-
hlanzekile, ndingenatyala. 10 Bona ke,
uyafuna iziqipukelaniso ngakumi; uya-
ndibala ngokuba lutshaba lwake. 11 Uya-
zifaka amakamandela innyawo zami; uya-
zihlola zonke indhlela zami. 12 Bona ke,
akulungisi ngalento; ndokupendula: ngo-
kuba UTIXO emkulu kuye umntu.
13 Kunganina ukuba uyapika naye?
ngokuba engayi kupendulela namnye we-
micimbi yake. 14 Ngokuba UTIXO eteta
kanye, ewe kabini, *kodwa* akugqalelwa. 15
Ngepupa, ngomboniso wobusuku, kwa-
kuba kusiwa ubutongo obukulu pezu kwa-
bantu, ekwozeleni pezu kwomandhlalo:
16 oko uyatyila indhlebe zabantu, no-
kululekwa kwabo uyakuncamatisela; 17
ukuze apambukise umntu ekwenzeni *kwa-
ke*, alifihle iratshi koyindoda; 18 abambe
umpefumlo wake emnxunyeni, nobomi bake
ekububeni ngomkonto. 19 Kanjako, uyo-
hlwaywa ngobuhlungu 'pezu kwoma-
ndhlalo wake; nepike lamatambo ake li-
yinto efuti: 20 nde umxèlo wake utiye
isonka, nompefumlo wake ukutya oku-
mnandi. 21 Innyama yake iyonakala eku-
bonweni; azé amatambo ake, abe engena-
kubonwa. 22 Wandule umpefumlo wake
usondele emnxunyeni, nobomi bake kuba-



University of Fort Hare
Together in Excellence

bubisi. 23 Ukuba kuko ngakuye umtu-
nywa, umcazeli, emnye pakati kwewaka,
kuze kushunyayelwe emntwini imfaneleko
yake; 24 uya kwandula ukumpata ngofefe,
ati: Mkulule angehli ukuya emnxunyeni;
ndifumene isizi. 25 Innyama yake iya
kutyeba ngapezu kweyobuntwana; uya
kubuyela emihleni yobufana bake. 26 Wo-
tandaza KUTIXO, oya kumbuka; waeya ku-
bona ubuso bake ngomgcobo; ngokuba eya
kubuyekeza emntwini ubulungisa bake.
27 Wokangela ebantwini, ati: Ndonile,
ndatyekisa okulungileyo, kanti akwandi-
nceda luto. 28 Ukulule umpefumlo wami
ukuba ungehli ukuya emnxunyeni, nobomi
bami ukuba bubone ukukanya.

29 Bona ke, zonke ezi*zinto* uyazenza
UTIXO, kabini, *umhlaumbi* katatu, ngasem-
ntwini; 30 ukuba abuyise umpefumlo
wake emnxunyeni, aze akanyiswe ngoku-
kanya kwabahleliyo.

31 Beka indhlebe, Jobi! pulapula ku-
mi; yiba uti tu, ndandiya kuteta mina.
32 Ukuba kuko amazwi, ndipendule ke;
teta, ngokuba ndifuna ukukugwebela: 33
ukuba akako, zupulapule kumi; yiba uti
tu, ndandiya kukufundisa ubulumko.

34 WABUYA wapendula u-Elihu, wati:
2 Pulapulani, nina 'zilumko! ama-
zwi ami; nani 'zazi! ndinikeleni indhlebe.
3 Ngokuba indhlebe ilinga amazwi, nje-
ngokuba ikuhlangubo lisiva ukutya. 4
Masizinyulele tina okufaneleyo; masazi
pakati kwetu into elungileyo. 5 Ngo-
kuba ebesiti u-Jobi: Ndilungile; UTIXO
ususile ibango lami. 6 Ndiya kuxoka nga-
kulo ibango lami na? inxeba lami lelinge-
nakupoliswa, kungeko isigqito. 7 Yiyi-
pina indoda enjengayo u-Jobi, osela ugxe-
ko njengamanzi, 8 ohambayo ngokukolana
nabasebenzi benkohlakalo, nangokupe-
leka abantu bobumenemene? 9 Ngokuba
ebesiti: Umntu akancedwa, uxa avume-
lana NOTIXO.

10 Ngako oko, madoda okuqonda! pula-
pulani kumi: Makube lé ubumenemene
KUTIXO, nobono KUSOMANDHLA! 11 Ngokuba
umsebenzi wabantu eya kuwubuyekezela
kubo, enze ukuba bonke ngabanye bafu-
mane njengokwemikwa yabo. 12 Ewe,
ngennyaniso, UTIXO akayi kwenza ngobu-
menemene, NOSOMANDHLA akayi kutyekisa
okufaneleyo. 13 Ngubanina owampatisayo
umhlaba? ngubanina omisileyo okumi-
wayo kona konke? 14 Ukuba ebeya kum-
bekela inkliziyo yake, afinyelisele kuye
umoya wake nompefumlo wake; 15 nge-
luqauka uluntu lwonke kwa kunye, bati
abantu babuyele elutulini. 16 Ngako
ukuba kuko ukuqonda, kupulapule oku;
nika indhlebe elizwini lamazwi ami.

17 Kanene lowo otiya okufaneleyo
angapata ubukosi na? nolungileyo, omku-
lu, uya kumgweba na? 18 Kwotiwa ku-
kumkani na: Ulinginingini? *na*kwinkosi
na: Ningamamenemene? 19 *kancinane*
*kangakananina ngakumbi ku*lowo ungabu-
kiyo ubuso benkosi, nongaziyo isityebi
ngapezu kwehlwempu? ngokuba bengum-
sebenzi wezandhla zake bona bonke. 20
Ekupanyazeni *kweliso* bayafa; kwa pakati
kwobusuku abantu bayatutumela, badhlule
ke; kuyasuswa nonamandhla, kungenge-
sandhla. 21 Ngokuba amehlo ake epezu
kwendhlela zomntu; nawo onke amanya-
tela ake uyawabona. 22 Akuko 'bumnya-
ma, akuko nasitunzi sokufa, apo bangazi-
mela kona abasebenzi benkohlakalo. 23
Ngokuba engabuyi abeke *inkumbulo* pezu
kwomntu, ukuze aye KUTIXO ekugwebeni.
24 Uyabapula abakulu kungeko 'sifuni-
selo, nabanye uyabamisa esikundhleni sa-
bo. 25 Ngako oko uyayazi imisebenzi
yabo; uyabapenula ebusuku, batyunyuzwe
ke. 26 Ekubeni bengabakohlakeleyo uya-
babeta, endaweni yababoneli: 27 ngennxa
yokuba bapambuka ekumlandeleni, nokuba
abanakana nannye yendhlela zake; 28
ukuze bakwenze ukukala kwehlwempu
kuze kuye, nokukala kwababandezelweyo
akuve. 29 Akupumza yena, ngubanina
ongapitizelisayo? akufihlela ubuso, ngu-
banina ongamkangelayo? nokuba sisizwe,
nokuba ngumntu, kuyafana: 30 kuze ku-
ngapati ubukosi umntu ongumginwa, ku-
ngabiko imigibe yabantu.

31 Okunene ngekutshiwo KUTIXO ukuti:
Senditwele *ukwohlwaywa*, andiyi *kubuya*
ndenze ngokwonakeleyo: 32 okungapa-
ndhle kwokubona kwami ndifundise kona
wena; ukuba ndenzile ngobumenemene,
andiyi kupinda ukwenje njalo. 33 Kunje-
ngokuti kwako na aya kupindezela, ukuba
uyala,—ukuba uya kunyula wena, ndinga-
*nyuli* mina? ngako into uyaziyo yitete ke.

34 Abantu bokuqonda baya kuti kumi,
nendoda enobulumko epulapula kumi: 35
u-Jobi uyateta ngokungenakwazi; nama-
zwi ake akanabuciko. 36 Ndinga angali-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngwa u-Jobi kude kubo sekupeleni, ngen-
nxa yempendulo *zake* ngesiko labantu
abakohlakeleyo. 37 Ngokuba esongeza
esonweni sake imvukelo; uyenza inklombe
pakati kwetu; uyandisa amazwi ako nga-
kuye UTIXO kanjalo.

35 WABUYA wapendula u-Elihu, wati:
2 Oku ke uyabala ngokuba koku-
faneleyo na, *ukuba* ute: Ubulungisa bami
bupezu KWOBUKATIXO? 3 Ngokuba ubu-
siti: Bondinceda 'nto nina? ndiya kuzuza
'nto nina ngapezu kw*endizuza* ngesono
sami? 4 Ndiya kukunika impendulo, na-
bahlobo bako kunye nawe.

5 Beka ngasezulwini, ubone ke; uze
ukangele amafu *a*pezulu kuwe. 6 Ukuba
wonile, uyenza 'nto nina ngakuye? nxa
izigqito zako zininzi, umenzela 'nto nina?
7 Ukuba ulungile, kuyinto nina uyinika
kuye? okanye, uyamkela 'nto nina esa-
ndhleni sako? 8 Ubumenemene bako *bu-
ngona* umntu onjengawe, nobulungisa bako
*bunganceda* unyana woluntu.

9 Ngennxa yobuninzi bembandezelo
*abantu* bayakala; bayamemeza ngennxa
yengalo yabakulu. 10 Kanti akuko oti:
Upina UTIXO umenzi wami, onikayo ama-
culo ebusuku; 11 osifundisileyo ngapezu
kwezilo zomhlaba, wasenza sigqite intaka
zezulu ngobulumko? 12 Apo ke baya-
kala, kodwa akapenduli, ngennxa yeratshi
labakohlakeleyo. 13 Okunene okunge-
ndawo UTIXO akayi kukuva, NOSOMANDHLA
akayi kukubona. 14 Kancinane kanga-
kanana ngakumbi nxa uti akuyi kumbona!
ityala lipambi kwake; ngako mlinde yena.
15 Kodwa kaloku, ngokuba ingqumbo ya-
ke ingohlwayi, nokuba engagqali isigqito
kakulu; 16 ngako u-Jobi ufumana avule
umlomo wake; amazwi uyawandisa ngo-
kungenakwazi.

36 WALEKELA u-Elihu wati:
2 Ndihlalele kancinane, ndandiya ku-
kutyela; ngokuba kuseko amazwi ngen-
nxa KATIXO. 3 Ndiya kuzeka ukwazi
kwami kwa kude; nakuye umenzi wami
ndiya kunika ubulungisa. 4 Ngokuba
ngenene amazwi ami akabuxoki: ofe-
zekileyo ngokwazi unawe.

5 Bona ke, UTIXO umkulu, kanti akadeli;
umkulu ngamandhla engqondo. 6 Akayi
kupilisa okohlakeleyo; nebango lababande-
zelweyo wolinika. 7 Akawasusi kwabalu-
ngileyo amehlo ake; nakunye nokumkani
eteroneni, uyabahlalisa ngonapakade, bapa-
kanyiswe ke. 8 Naxeshekweni benxityiwe
ngemixokolelwane, babanjwa ngentambo
zembandezelo; 9 uyandula abazise isenzo
sabo, nezigqito zabo, ukuba benze ngera-
tshi; 10 nendhlebe zabo uyazityilela ulu-
leko, axele ukuba mababuye enkohlaka-
lweni. 11 Ukuba bayeva, bakonze noku-
konza, bogqiba imihla yabo ebutamsanqe-
ni, neminyaka yabo eziyolweni. 12 Kanti
ukuba abeva, baya kububa ngomkonto,
baqauke bengenakwazi. 13 Kwa njalo
abaginwa ngenkliziyo bayabekela ingqu-
mbo; abakali akuba ebanxiba. 14 Kwofa
umpefumlo wabo ebutsheni, nobomi babo
pakati kwabancolileyo.

15 Uyahlangula olusizi ngosizi lwake,
nendhlebe zabo uyazityila ngembandezelo.
16 Nawe ke ebeya kukurola esixingweni,
ukuya endaweni ebanzi ekungeko 'kuxina-
na kuyo; nento ebekwa esitebeni sako
ibiya kuzala 'bunqata. 17 Kodwa uzalisile
ityala lokohlakeleyo: ityala nomgwebo
ziya*ku*bamba. 18 Ngokuba *kuko* umsindo,
*lumka* hleze akususe ngesibeto: oko isizi
esikulu asiyi kukusindisa. 19 Wobuka
intyebo yako na? *Nakanye;* aka*buki* igo-
lide, nawo onke amandhla obutyebi. 20
Unganxameli ubusuku, apo abantu babu-
telwa endaweni yabo. 21 Lumka, unga-
beki enkohlakalweni; ngokuba le uyinyu-
lile pezu kwobunzima.

22 Bona ke, UTIXO uyazipakamisa ema-
ndhleni ake: ngubanina ofundisayo nje-
ngaye? 23 Ngubanina ompatisileyo in-
dhlela yake? ngubanina notshilo ukuti:
Ubenzile ubumenemene? 24 Kumbula
ukuba uwuzukise umsebenzi wake, lowo
abantu bawubencabencayo. 25 Uluntu
lwonke luyawubonela; umntu uyakangela
ekude. 26 Bona ke, UTIXO umkulu, asi-
mazi; inani leminyaka yake, lona alinaku-
pengululwa. 27 Ngokuba ewanyusa ama-
tontsi amanzi; ayagalela imvula ngenku-
ngu yake; 28 leyo amazulu ayicintsayo;
ayatontsela pezu kwabantu ngento en-
ninzi. 29 Kanjako kuko na ongaqondayo
ukutwabuluka kwelifu, ukudywaba kwen-
tente yake? 30 Bona ke, uyatwabulula
ukukanya kwake pezu kwalo, namazantsi
olwandhle uyawagubungela. 31 Ngoku-
ba ngazo *ezizinto* egweba izizwe, enika
ukutya ngokuninzi. 32 Izandhla *zake*
uyazigubungela ngombane, awuyalezele



University of Fort Hare
Together in Excellence

apo aya kuwela kona. 33 Ududumo lwake
luyaxela ngaye; kwinkomo *luyaxela* kwa
ngako okunyukayo.

37 Okunene pezu kwoku iyangcangcaze-
la inkliziyo yami, iyantontoza isuke
endaweni yayo. 2 Pulapulani kakulu
ukudandata kwelizwi lake, nokudumzela
okupumayo emlonyeni wake! 3 Ngapa-
ntsi kwezulu lonke uyalondisa, nemibane
yalo ngasezinncameni zomhlaba. 4 Emva
kwayo kugquma ilizwi; uyaduduma nge-
lizwi lesitomo sake; akayilibazisi nxa
livakeleyo ilizwi lake. 5 UTIXO uyadu-
duma ngelizwi lake ngokungummanga-
liso; izinto ezinkulu uyazenza, esingena-
kuzazi. 6 Ngokuba esitsho kwingqweqwe
ukuti: Yibako emhlabeni; *utsho* nakuwo
umvumbi wemvula, kwa umvumbi wem-
vula ezinkulu zake. 7 Isandhla soluntu
lwonke uyasincamatisela, ukuba babe no-
kwazi bonke abantu abenzileyo. 8 Ziti
izilo zingene ezindaweni zokulala, zihlale
eminxunyeni yazo. 9 Kuvela isaqwiti
ezinkambilini *zasesuyide*, nengqele enode.
10 Ngokupefumla KUKATIXO kunikwa ili-
qwa, buti ububanzi bamanzi buxinane.
11 Kanjalo ngokunyakama uyadinisa ilifu
elibungqingqwa; uyapangalalisa ilifu lo-
kubaneka lake; 12 lona liyajikajika nga-
macala onke ngokukapa kwake; ukuze
enze konke awayalela ngako, pezu kwo-
buso bendawo ezimiweyo zomhlaba; 13
nokuba kungennxa yokubeta, nokuba ku-
ngennxa yelizwe lake, nokuba kungennxa
yobubele, alifikisayo.

14 Nikela oku indhlebe, Jobi! yima,
ugqale imimangaliso KATIXO. 15 Uyazi
na nxa UTIXO abeka *inkumbulo* pezu kwazo
*ezizinto*, nanxa akazimlisa ukukanya kwe-
lifu lake? 16 Uyaqonda na ukujingiswa
kwamafu; imimangaliso yalowo ufeze-
kileyo ngokwazi? 17 *Uyaqonda na* ziti
nina ingubo zako ukufudumala, akuzo-
lisa umhlaba *ngommoya* wasesuyide? 18
Ulitwabulule na kunye naye izulu, elome-
leleyo njengesikangeliselo esityityishiwe-
yo? 19 Sazise into siya kuyiteta kuye;
*ngokuba* singeyilungiselele tina ngennxa
yobumnyama. 20 Kuya kumtyelwa na
ukuba ndiya kuteta? ukuba bekuya kutsho
umntu, ngennyaniso ngeeginywa. 21 Ngo-
kuba kaloku kungebonelwe ukukanya,
kwakukazimla ezulwini, nxa udhlulileyo
ummoya, walenza lisile. 22 Enode kuvela
igolide; ngakuye UTIXO kuko ubunganga-
msha oboyikekayo. 23 USOMANDHLA, asi-
ngemfumane! emkulu ngamandhla na-
ngobugwebo, nangobuninzi bobulungisa;
akayi kubandezela. 24 Ngako oko abantu
bayamoyika: akaboni abalumkileyo ngen-
kliziyo noko amnye.

38 WANDULA UYEHOVA wampendula u-
Jobi eluqwiteleni, wati:

2 Ngubanina lo ositayo icebo ngamazwi
angenakwazi? 3 Sibinqe ke, njengendoda,
isinqe sako; ndandiya kubuza kuwe, uze
undazise.

4 Ubuko pina ndakuseka umhlaba?
xela, ukuba uyazana nokuqonda. 5 Ngu-
banina obemisa imilinganiswa yawo, ukuba
uyazi? umhlaumbi ngubanina owolulayo
intambo pezu kwawo? 6 Kupezu kwento
nina izisekelo zawo zatshoniswayo? um-
hlaumbi ngubanina owabeka ilitye legu-
mbi lawo; 7 zakucula kunye inkwenkwezi
zokusa, bati bonke onyana BAKATIXO bada-
nduluka ngovuyo, 8 waza wabiyela ulwa-
ndhle ngengcango, lwakutyoboza, *njengoku-
ngati* lwapuma esizalweni; 9 ndakulenza
ilifu libe sisivato salo, nesitokotoko sibe
sisiqoqo salo; 10 ndakulwabela umda
wami, ndabeka imivalo nengcango, 11
ndati: Woza kude kube lapa, koko ungayi
kugqita; kulapa kuya kuhlaliswa ukuku-
kumala kwamaza ako?

12 Uwuyalele umso na, kuselokwemihla
yako? usazisile isifingo indawo yaso na,
13 ukuba sizibambe inncame zomhlaba,
bati abakohlakeleyo bavutululwe kuwo?
14 Uyaguqulwa njengodongwe lwesinca-
matiselo; ziti gqi *izinto zawo* njengesivato.
15 Kuyabanjwa kwabakohlakeleyo ukuka-
nya kwabo; nengalo epakamileyo iyapulwa.

16 Ungenile na ematendeni olwandhle?
uhambile na ezindaweni zapakati zenzulu?
17 Uwatyilelwe amasango okufa na?
nengcango zesitunzi sokufa uzibonile na?
18 Ugqalele ububanzi bomhlaba na? xela,
ukuba konke oku uyakwazi.

19 Ipina ke indhlela *apo* kuhlala uku-
kanya? nobumnyama, ipina indawo yabo,
20 ukuba ubuse emdeni wabo, nokuba
wazane nendhlela *zisiya* endhlwini yabo?
21 Uyazi na, ngokokuba ubusel' uzelwe oko,
nokuba imihla yako mininzi inani layo?

22 Ungenile na ezimbekelweni zeu-
gqweqwe? nembekelo zesicoto uzibonile
na, 23 endisigcineleyo ixesha lobunzima,
imini yokulwa neyemfazwe?



University of Fort Hare
Together in Excellence

24 Ipina ke indhlela *apo* kwabiwa
ukukanya, *nalapo* kupangalala ummoya
wasempumalanga pezu kwomhlaba? 25
Ngubanina ocandele ingxokolo yamanzi
imijelo, nokubaneka kwodudumo indhlela;
26 ukuba kuniswe imvula pezu kwelizwe
elingenamntu, *pezu* kwobugxwayiba eku-
ngeko 'bantu kubo; 27 ukuba kukoliswe
indawo ezicitakeleyo nezitshabaleleyo;
nokuba kumiliswe utyani obupumayo? 28
Imvula inoyise na? okunye azelwe ngu-
banina amatontsi ombete? 29 Lapuma
esizalweni sobanina iliqwa? nengqele e-
mhlope yezulu, ngubanina ozeleyo yona?
30 Njengasetyeni amanzi afihlekile, no-
buso benzulu bubambene.

31 Unganxiba na imbopelelo zesilimela?
nemibambo yo-Oriyone ungayicumbulula
na? 32 Ungavelisa na izikwenkwezi zen-
dhlela yelanga ngexesha lazo? no-Bere
kunye nabantwana bake ungakapa bona
na? 33 Uyayazi na imimiso yezulu? uya-
dala ukupata kwalo emhlabeni na? 34
Ungapakamisela emafini na ilizwi lako,
yandule ingxokolo yamanzi ikugubungele?
35 Ungandulula imibane na, ize ihambe
ke, iti nokuti kuwe: Nanku, *silapa*? 36
Ngubanina obubekileyo embilini ubulu-
mko? okunye ngubanina owanika enklizi-
yweni ingqondo? 37 Ngubanina oba-
layo amafu ngobulumko? nentsuba zezulu
ngubanina ozitambekisayo, 38 nxa lwe-
layo utuli lube yinto enyibilikileyo, ati
amagada anamatelane?

39 Ungazingelela ingonyamakazi na into
yokuqwenga? nenkanuko yengonyama
ezintsha ungayincamisa na; 40 nxa zincata-
mela eminxunyeni, *umhlaumbi* zihlala elu-
dadeni ngokulalela? 41 Ngubanina olu-
ngisela unomyai ukudhla, okuya amatole
ake alilayo KUTIXO, ati badubadu ngoku-
swela into yokutya?

39 Uyalazi na ixesha lokuzala kwama-
gogo eliwa? uyagqala na akuza ku-
zala amaxamakazi? 2 Uyabala na innyanga
azifezayo? uyalazi na ixesha lokuzala
kwawo? 3 Ayazigoba, apumise amatole
'awo, apose innimba zawo. 4 Ati amatole
awo abonxe, akule ezindhle; ayapuma ke,
angabi sabuyela kuwo.

5 Ngubanina olindululeyo iqwara liku-
lulekile; nezinxibo zeqwara ngubanina
ozicumbululeyo; 6 endenzayo inklango
ibe likaya lalo, nendawo ezityuwa zibe
zezokuhlala kwalo? 7 Liyahleka isipiti-
piti sesixeko; izimemezo zomqùbi aliziva.
8 Ukuhanjwa kwentaba kulidhlelo lalo;
nako konke okuluhlaza liyakufuna.

9 Iya kuvuma innyati na ukuba ikonze
kuwe, ilalise esibayeni sako? 10 Ungayi-
bopa innyati emseleni ngentambo yayo
na? yoqwakanisa imihlambo emva kwako
na? 11 Uya kutemba yona na, ngokuba
amandhla ayo emakulu? wowushiyela
kuyo umsebenzi wako na? 12 Uya kuko-
lwa yiyo na, ukuba yoyigodusa imbewu
yako, iyibutele esibayeni sako sokubula?

13 Ipiko lazo innciniba liyawambuzela
ngovuyo: intsiba noboya zezeraside na?
14 Ngokuba *innciniibakazi* ishiyela amaqa-
nda ayo emhlabeni, iwafudumalise elutu-
lini; 15 ilibala nje ukuba angancinezelwa
lunyawo, nokuba anganyatelwa sisilo sa-
sendhle. 16 Iyazenza lukuni ngakuwo
amatole ayo, njengokungati akangawayo;
ufumana uko umzamo wayo, ingenakwo-
yika nje. 17 Ngokuba UTIXO eyilibalisile
ubulumko, engayabelanga ingqondo ka-
njalo. 18 Ngexesha izibetayo ngapezulu,
iyahleka ihashe nokweleyo kulo.

19 Uyalinika ihashe uburoti na? uya-
vatisa intamo yalo ngodudumo na? 20
Uyalitsibisa njengenkumbi na? Ubunga-
ngamsha bokutimla kwalo buyinto eyoyi-
kekayo. 21 Liyabeta ngempupu emhla-
njeni, liyavuyelela ngamandhla; liyapuma
ukuya kukaulela izikali. 22 Liyahleka
ukwoyika, alinakutuswa; alibuyi napambi
kwerele. 23 Umpongolo uyalikencezela,
intshuntshe ebengezelayo, nomkonto. 24
Ngobabamo nangoburalarume liyaginya
umhlaba; alikolwa kukuba yinklokoma
yexilongo. 25 Nxa sukuba ixilongo *lili-
liswayo,* liti: He ke! liyasezela ukulwa
kwa kude, ududumo lwenkosi, nokume-
meza.

26 Kungobulumko bako na apapazela
unkloyiya, atwabulula amapiko ake nga-
sesuyide? 27 Kungelizwi lako na ixalanga
libalekayo pezulu, liyenze pezulu indhlu
yalo? 28 Liyahlala eweni, lilalisa *kona*;
pezu kwetsolo leliwa, nendawo eyinnqaba.
29 Kwa lapo liyahlolela ukudhla; amehlo
alo ayakangela kude. 30 Amatole alo
ayafunxa igazi; nalapo bakoyo abahlatyi-
weyo, likwa kona lona.

40 WAZA UYEHOVA wampendula u-Jobi,
wati:
2 Lowo upikayo NOSOMANDHLA uya



University of Fort Hare
Together in Excellence

kumluleka na? omohlwaya UTIXO, maka-
pendule ngako.

3 Waza u-Jobi wampendula UYEHOVA,
wati:

4 Bona ke, ndiyinto engento; ndoku-
pendula 'nto nina? isandhla sami ndiyasi-
beka pezu kwomlomo wami. 5 Nditetile
kanye; kodwa andiyi kupendula: kwa
kabini; kodwa andiyi kupinda.

6 WANDULA UYEHOVA wampendula u-
Jobi eluqwiteleni, wati:

7 Sibinqe ke, njengendoda, isinqe sako;
ndiya kubuza kuwe, uze undaziso. 8
Woka utshitshise kwa igunya lami na?
uya kugweba mina na, ukuze wena ugwe-
tyelwe? 9 Kanene uuengalo njengeKA-
TIXO na? ungaduduma ngelizwi njengelake
na? 10 Zihombise ke ngesitomo nobu-
ngangamsha; uzivatise ngobungcwalisa
nenkazimlo. 11 Zipangalalise ingxokolo
zomsindo wako, ukangele konke okupaka-
mileyo, ukutobise. 12 Kangela konke
okupakamileyo, ukugobe; nabakohlake-
leyo ubanyatele pantsi endaweni yabo.
13 Bafihlele elutulini ndawonye; bopa
ubuso babo emfihlekweni. 14 Ndiya kwa-
ndul' ukuxela kuwe, okokuba esako isa-
ndhla sokunene singakusindisa.

15 Bona ke ibehemote, endiyenzileyo
kunye nawe; iyadhla utyani njengenkabi.
16 Bona ke amandhla ayo esinqeni sayo,
nokwomelela kwayo emisipeni yombilini
wayo. 17 Iyagobisa umsila wayo nje-
ngomti wesedare; imisipa yamatanga ayo
ijijene. 18 Amatambo ayo ngamabobo o-
bedu; amatambo ayo anjengemivalo yesi-
ncete. 19 Yona yinto enkulu yemisebenzi
KATIXO: owayenzayo wanikela irele layo.
20 Ngokuba intaba ziyivelisela ukutya,
apo zidhlala kona zonke izilo zasendhle.
21 Iti butu ngapantsi kwemiti yelotu, esi-
gubungelweni sengcongolo, nasendaweni
elibikibiki. 22 Imiti yelotu iyayikusela
ngomtunzi wayo; iminculuba yasemlanja-
neni iyayipahla. 23 Ukuba umlambo
uyafukuka, ayinxami; inqabile, noko i-
Yoredane ityobozela emlonyeni wayo:
24 ngasemehlweni ayo iyayamkela; imi-
gibe iyiti badhlu ngempumlo.

41 Ungarola na ileviyatane ngegwegwe,
nolwimi lwayo ngentambo uyitshoni-
sayo? 2 Ungafaka intsontelo empumlweni
yayo na? ungajigija umhlati wayo ngeqe-
ru kusinina? 3 Iya kuzenza imbongozo
ezinninzi kuwe na? iya kuteta kuwe
izinto ezitambileyo na? 4 Iya kulwenza
nawe na ucebano? woyitabata ibe sisicaka
ngonapakade na? 5 Uya kudhlala nayo
na ngokungati yintaka? woyibopela into-
mbazana zako kusinina? 6 Amakolwane
aya kuyimbela *isihogo* na? aya kuyahlula
pakati kwabatengi na? 7 Uya kuzalisa
na ulusu lwayo ngennyembe, nenkloko
yayo ngengcola zenklanzi? 8 Beka isa-
ndhla sako pezu kwayo! akuyi kubuya
ukumbule ngokulwa.

9 Bona ke, itemba lake lenziwa 'buxo-
ki: akawiswa pantsi ke na kwa sekubo-
nakaleni kwayo? 10 Akuko onobugagu
bokuba ayivuse: ngubanina ke lowo onge-
mayo ebusweni bami? 11 Ngubanina
ondipangeleyo, ukuba ndibuyekeze? oku-
pantsi kwezulu lonke kukokwami nje!

12 Andiyi kuti cwaka pezu kwamalungu
ayo, nendawo yamandhla *ayo* nesoya soku-
xòtyiswa kwayo. 13 Ngubanina ohlu-
bileyo ubuso besivato sayo? ngubanina
oya kungena pakati kwemihlati epindiwe-
yo yayo? 14 Ingcango zobuso bayo ngu-
banina ozivulileyo? inrozo zamazinyo ayo
ziyinto eyoyikekayo. 15 Amakaka ana-
mandhla aliratshi *layo*; evaliwe ngesinca-
matiselo esiti shinyi. 16 Elinye liyasonde-
lana nelinye, ukuba ummoya awunakunge-
na pakati kwawo. 17 Ayanamatela amanye
kwamanye; ayabambana, akakumleki. 18
Ukutimla kwayo kukazimlisa ukukanya;
namehlo ayo anjengenkope zomso. 19 Zi-
yasuka izibane emlonyeni wayo; inklantsi
zomlilo ziyabaleka. 20 Uyaquma umsi
ezintunjeni zempumlo yayo, njengongxa-
wo ovutelweyo ezingcongolweni. 21 Um-
pefumlo wayo uyavutisa amalahle; na-
semlonyeni wayo liyapuma ilangatye. 22
Entanyeni yayo kuhleli amandhla; nase-
busweni bayo ulwoyiko luyatsiba. 23
Indawo ezilizengezengo zennyama zayo
ziyanamatelana; iqinile pezu kwayo, inge-
nakushukuma. 24 Inkliziyo yayo yome-
lele njengelitye; ewe, yomelele njenge-
litye langapantsi lokusila. 25 Nxa izipa-
kamisayo ayoyika amaroti; ngenxa ya-
mavuso akohliwe. 26 Lakuyifikela irele,
alinakuma; *kwa n*entshuntshe, *n*engcola,
nentsimbi. 27 Iyabala isincete ukuba yin-
nca, nexina ukuba ngumti obolileyo. 28
Utolo alungeyenzo isabe; amatye esisaulo
ayaguqulwa abe ngumququ kuye. 29
Umvinqikazi uyabalwa ngokuba ludiza;



niversity of Fort Hare
Together in Excellence

iyahleka ukuvivinya kwomkonto. 30 Nga-
pantsi kwayo ngamacepe abukali; iya-
ndhlala intsimbi zokubula pezu kwodaka.
31 Inzulu iyayibilisa njengembiza; ulwa-
ndhle iyalwenza njengennqai yamafuta.
32 Emva kwayo iyenza umzila obengeze-
layo; ngekubiwa inzulu ingwevu. 33
Akuko pezu kwomhlaba ifano layo; eye-
nziweyo ingenakunkwantya. 34 Konke
okupakamileyo iyakubona; ingukumkani
yona pezu kwazo zonke izilo eziratshileyo.

42 WAZA u-Jobi wampendula UYEHOVA,
wati:
2 Ndiyazi ukuba ungazenza zonke
izinto, nokuba akuko 'qinga elinqandeka
kuwe. 3 Ngubanina lo ositelisa icebo
ngokungenakwazi? Kungoko ndikuxeleyo
oko ndingakuqondi; izinto ezindinqabele-
yo, endingazazi. 4 Pulapula ke, ndandiya
kuteta; ndiya kubuza kuwe, uze undazise.
5 Bendivile ngawe ngokuva kwendhlebe;
kodwa kaloku iliso lami liyakubona. 6
Kukona ndizidelayo, ndigqoboke ndiselu-
tulini naselututwini.

7 KWAYE kute, akuba ebetetile UYE-
HOVA lamazwi ku-Jobi, wandula UYEHOVA
wati ku-Elifazi um-Temani: Ingqumbo
yami iyavuta ngakuwe, nangakuzo izihlo-
bo zako zozibini; ngokuba ningatetanga
ngami okufanelekileyo, njengesicaka sami
u-Jobi. 8 Ngako kaloku, zitabateleni
inkabi zibe zisixenxe nenkunzi zegusha
zibe zisixenxe, niye kwisicaka sami u-Jobi,
ninikele idini lokutshiswa ngennxa yenu;
waeya kuti u-Jobi, isicaka sami, anita-
ndazelo: ngokuba yena ndiya kumbuka,
ukuze ndingenzi kuni ngobudenge *benu*;
ngokuba ningatetanga ngami okufanele-
kileyo, njengesicaka sami u-Jobi.
9 Kwa njalo u-Elifazi um-Temani, no-
Biledadi um-Shuha, *no*-Tsofare um-Naha-
ma, baya benje njengokuba ebetshilo kubo
UYEHOVA; waye UYEHOVA wambuka u-Jobi.
10 Waza UYEHOVA wabuyisa ukutinjwa
kuka-Jobi, akuba ebetandazele abahlobo
bake: wayesongeza UYEHOVA kuko konke
abe enako u-Jobi, kude kwapindwa. 11
Kwaye kusiza kuye bonke abaninawe
bake, nabo bonke odade bake, nabo bonke
abebefudula besazana naye, badhla isonka
naye endhlwini yake, bamkûza, bamtutu-
zela ngennxa yabo bonke ububi abebuzi-
sile UYEHOVA pezu kwake: bampa abanye
ngabanye iqosha lemali, nabanye ngabanye
umsesane wegolide.
12 Waye UYEHOVA ekutamsanqelisa
ukupela kuka-Jobi ngapezu kwokuqala
kwake: ngokuba ebenegusha ezingamawa-
ko alishumi linesine, nenkamela ezingama-
waka matandatu, nezibini zenkabi ezili-
waka, namaqwarashekazi ekwa liwaka.
13 Ebenonyana basixenxe nentombi za-
ntatu kanjalo. 14 Wayebiza igama leyo-
kuqala ngo-Jemima, negama leyesibini
ngo-Ketsiya, negama leyesitatu ngo-Ke-
rene-hapuke. 15 Kwaye kungafunyanwa
amankazana emahle njengentombi zika-
Jobi, kulo lonke ilizwe: wati uyise wazi-
nika ilifa pakati kwabazalwana bazo.
16 Wahlala u-Jobi emveni kwoku imi-
nyaka yalikulu elinamashumi mane, wabo-
na onyana bake, nonyana bonyana bake,
izizukulwana ezine. 17 Wada wafa u-
Jobi, emdala, ekolisile ukuba nemihla.

# INNCWADI
# YAMACULO.

## ICULO I.

HAI itamsanqa lalomntu ongahambiyo
eqingeni labakohlakeleyo, ongemi
endhleleni yaboni, ongahlali esihlelweni
sabagxeki; 2 koko ukunyamekela kwake
kusemtetweni KAYEHOVA, ecinga nokucinga
umteto wake emmini nasebusuku! 3 Uya
kuba njengomti utyalwe ngasemijelweni



University of Fort Hare
Together in Excellence

yamanzi ke, ovelisa isiqamo sawo ngexesha
lawo, nogqabi lingayi kubuna; nako konke
akwenzayo kwolungiseka.
4 Abanjalo abakohlakeleyo; banjengom-
ququ bona opetshetwayo ngummoya. 5
Ngako oko abayi kuma abakohlakeleyo
ekugwebeni, naboni enkłanganisweni ya-
balungileyo. 6 Ngokuba UYEHOVA eyazi
indhlela yabalungileyo; kanti indhlela
yabakohlakeleyo iya kutshabalala.

## ICULO II.

YININA ukuba abaheyideni benze im-
butumbutu? Yinina ukuba inklanga zici-
nge okungendawo? 2 Okumkani bomhlaba
bayazimisa, nenkosi ziyacebana ndawonye,
ngakuye UYEHOVA, nangakuye umtanjiswa
wake, *besiti:* 3 Masiziqaule izinxibo zabo;
masizilahle kuti intambo zabo.
4 Ohleliyo ezulwini uya kubahleka:
INKOSI iya kubadela: 5 yandule ukuteta
kubo ngengqumbo yayo, ibatuse ngomsi-
ndo wayo oshushu. 6 Ukumkani wami
ndimtambisile noko pezu kwe-Ziyone,
kwentaba yami eyingcwele.
7 Ndoshumayela ummiso ke. Wati U-
YEHOVA kumi: Ungunyana wami wena,
ndikuzele namhla nje. 8 Cela kumi,
ndandiya kunika abaheyideni babe lilifa
lako, nezipelo zomhlaba zibe yimfuyo
yako. 9 Uya kubapula ngentonga yesi-
ncete, ubaqekeze njengembiza yombumbi.
10 Ngako kaloku, bokumkani! yenzani
ngokuqonda; yalekani, bagwebi bomhla-
ba! 11 Konzani UYEHOVA ngokwoyika,
nivuye ngengcangcazelo. 12 Yangani
UNYANA, hleze aqumbe, nibube endhleleni;
ngokuba iya kuhla ivute ingqumbo yake.
Banetamsanqa bonke abatemba yena!

## ICULO III.

Iculo lika-Davide, akubaleka u-Abasalome unyana wake.

YEHOVA! asi nokuba bandile aba-
zintshaba zami! baninzi abapakamayo
ngakumi. 2 Baninzi abati ngompefumlo
wami: Akuko ukusizwa kwake KUTIXO.
Sela.
3 Kodwa wena, YEHOVA! ulikaka kumi;
ububungcwalisa bami, nompakamisi wen-
kloko yami. 4 Ndabiza KUYEHOVA nge-
lizwi lami; wandipendula ke entabeni
yake eyingcwele. Sela. 5 Ndalala pa-
ntsi, ndazuza ubutongo; ndavuka; ngo-
kuba UYEHOVA ebendisekele. 6 Andiyi
kwoyika amashumi amawaka abantu, abase
belunga ngakumi bendiraula.
7 Pakama, YEHOVA! ndisindise, TIXO
wami! ngokuba intshaba zami uzibetile
zonke esidhleleni; uwapule amazinyo aba-
kohlakeleyo. 8 Usindiso łoluKAYEHOVA.
Ukutamsanqelisa kwako kupezu kwabantu
bako. Sela.

## ICULO IV.

Iculo lika-Davide, libalelwe umhlabeli omkulu owenza ngeneginote.

NDIPENDULE ekubizeni kwami, TIXO
wobulungisa bami! wandivulela ebunzi-
meni; ndipate ngofefe, uve umtandazo
wami.
2 Bonyanandini babantu! kwoba kade
kangakananina ubungcwalisa bami buyin-
dano? *kwoba kade kangakananina* nitanda
okungendawo, nifuna ubuxoki? Sela. 3
Yazini kodwa ukuba UYEHOVA uzahlulele
obedeshayo: UYEHOVA uya kuva, ndakubiza
kuye. 4 Ngcangcazelani, ningoni; tetani
nenkliziyo yenu elukùkweni lwenu, niti
cwaka. Sela. 5 Bingani imibingo yobu-
lungisa, nitembele kuye UYEHOVA.
6 Baninzi abati: Ngubanina oya kusi-
bonisa ukulunga? YEHOVA! pakamisela
pezu kwetu ukukanya kwobuso bako. 7
Ufakile uvuyo enkliziyweni yami, lugqi-
tisa kolwexesha lokwanda kwenuqolowa
yabo neveyine yabo.
8 Kwa kunye, ndiya kulala pantsi, ndi-
lale ubutongo, ngokwonwaba: ngokuba
enguwe wedwa, YEHOVA! ondihlalisayo
ekunqabeni.

## ICULO V.

Iculo lika-Davide, libalelwe umhlabeli omkulu owenza ngenehilote.

YEHOVA! wanikele indhlebe amazwi
ami, ugqale ukucinga kwami. 2 Pulapula
ilizwi lokubongoza kwami, Kumkani wami,
NOTIXO wami! ngokuba ndiya kutandaza
kuwe. 3 Ilizwi lami uya kuliva kusasa,
YEHOVA! kwa kusasa ndolibekisa kuwe,
ndikangele pezulu. 4 Ngokuba ungenguye
UTIXO otanda inkohlakalo; ububi abuyi
kupambukela kuwe. 5 Abagezayo abayi
kuma ebusweni bako; uyabatiya bonke
abenzi benkohlakalo. 6 Uya kububisa abo
bateta ubuxoki; UYEHOVA uya kuzonda
umntu wegazi nenkohliso. 7 Kodwa mina
ndongena endhlwini yako ngobuninzi be-
zibele zako; ndotobela ngasetempileni
yako eyingcwele ngokwoyika wena.



University of Fort Hare
Together in Excellence

8 Yehova! ndikokele ebulungiseni ba-
ko, ngennxa yabandihlolayo; yenza in-
dhlela yako ilunge ebusweni bami. 9
Ngokuba kungeko okuyinnyaniso emlonye-
ni wabo; umbilini wabo ububumenemene;
umqala wabo ulincwaba elivulekileyo;
ilwimi zabo bazigudisile. 10 Bagwebe,
Tixo! mabawe ngamacebo abo; bagxote
ngennxa yobuninzi bezigqito zabo; ngo-
kuba bevukele ngakuwe. 11 Kodwa ma-
bavuye bonke abatemba kuwe; mabada-
nduluke ngovuyo kude kube ngunapakade,
ngokuba ubakusela: nabatanda igama
lako mabagcobe kuwe. 12 Ngokuba wena,
Yehova! uya kutamsanqelisa olungileyo;
uya kumpahla ngembuko ibe njengekaka.

## ICULO VI.

Iculo lika-Davide, libalelwe umhlabeli omkulu owenza ngeneginote ngokwesheminiti.

YEHOVA! zungandohlwayi ngengqu-
mbo yako, zungandibeti ngomsindo wako.
2 Yehova! ndipate ngofefe; ngokuba
ndicubukile: ndipilise, Yehova! ngokuba
amatambo ami enokutuswa; 3 kwa nom-
pefumlo wami unokutuswa kakulu: kodwa
wena, Yehova! kwoba kade kangakana-
nina? 4 Buya, Yehova! kulula umpe-
fumlo wami: ndisindise ngennxa yezibele
zako. 5 Ngokuba ekufeni kungeko uku-
kumbula wena: ngubanina oya kubulela
kuwe encwabeni? 6 Ndidiniwe kukugula
kwami; bonke ubusuku ndiyadadisa um-
andhlalo wami; ndiyanyela ikoye yami
ngennyembezi zami. 7 Iliso lami selona-
kele yinkatazo; liyalupala ngennxa yabo
bonke abalane bami.
8 Mkani kumi, nonke nina 'benzi ben-
kohlakalo! ngokuba uYehova evile ilizwi
lokulila kwami. 9 UYehova uvile isiku-
ngo sami; uYehova uya kwamkela inta-
ndazo yami. 10 Zonke intshaba zami
zodaniswa, zituswe kakulu; zobuya zida-
niswe ngesiqupe.

## ICULO VII.

Ishigayone ka-Davide owayivuma ku-Yehova ngokwamazwi ka-Kushe um-Benjamine.

YEHOVA, Tixo wami! ndiyatemba we-
na; ndisindiso kubo bonke abandisuke-
layo, undikulule: 2 hleze aqwenge um-
pefumlo wami njengengonyama; erazula,
kungeko okululayo.
3 Yehova, Tixo wami! ukuba ndike
ndenza lento; ukuba kuko inkohlakalo
ezandhleni zami; 4 ukuba ndimvuzile
obexolene nami ngobubi; ukuba ndimpa-
ngile owalana nami kungeko 'tuba; 5
maluti utshaba lusukele umpefumlo wami,
luwufumane; ewe, malunyatele ubomi
bami kwa semhlabeni, nobungcwalisa bami
malubulalise kwa selutulini. Sela.
6 Vuka, Yehova! ngengqumbo yako;
zipakamise ngennxa yoburalarume babo
balana nami; zundivukele *wenze* ukugwe-
ba ukumiseleyo. 7 Maiti inklanganiso
yenklanga ikupahle; uze ngennxa yayo
ubuyele pezulu ke. 8 UYehova uya ku-
gweba izizwe: ndigwebele, Yehova! nje-
ngokwobulungisa bami, nanjengokwobu-
nene bami obukumi. 9 Yanga ingapela
inkohlakalo yabakohlakeleyo; uze olungi-
leyo umqinise: ngokuba ulinga inkliziyo
nezintso, Tixo olungileyo!
10 Ikaka lami likuTixo, osindisayo aba-
nkliziyo zilungile. 11 UTixo uyagwebela
olungileyo, kanti *okohlakeleyo* uTixo uyam-
qumbela ngemihla yonke. 12 Nxa anga-
guqukiyo, wolola irele lake; usel' etyedile
isipeta sake, wasilungisa. 13 Kanjalo
umlungisele izixòbo zokufa; intolo zake
uyazidalela abatshutshisi.
14 Bona ke, umiti yinkohlakalo; ukau-
lile ububi, uzele ubuxoki. 15 Wemba
isigingqi, wasingxoka; weyela esihogweni
owasenzayo. 16 Ububi bake bobuyela
pezu kweyake inkloko; nobudhlwengu
bake bohlela elukakayini lwake.
17 Ndiya kudumisa uYehova ngokufa-
nele ubulungisa bake; ndoculela igama
likaYehova opezu kwonke.

## ICULO VIII.

Iculo lika-Davide, libalelwe umhlabeli omkulu owenza ngegititi.

YEHOVA, Nkosi yetu! hai ubungcwa-
lisa begama lako emhlabeni wonke! wena
ububekileyo pezu kwezulu ubukulu bako.
2 Kwa semlonyeni wentsana nabanyayo
umisile udumiso, ngennxa yabalane bako,
ukuze upezise utshaba nopindezelayo.
3 Ndindakukangela izulu lako, umse-
benzi weminwe yako, innyanga neenkwe-
nkwezi ozilungisileyo; 4 uyinina umntu,
lento umkumbulayo? kwa nonyana wolu-
ntu, lento umnonelelayo? 5 Ngokuba
umenzile abe ngapantsi kancinane kuzo
ingelosi; umpahlile ngobungcwalisa na-
ngodumo. 6 Umpatisile ubukosi pezu
kwemisebenzi yezandhla zako; zonke *izinto*



University of Fort Hare
Together in Excellence

uzibekile pantsi kwennyawo zake: 7 igu-
sha nenkabi zonke; kwa nezilo zezindhle;
8 intaka zezulu, nenklanzi zolwandhle;
*nento* edhlulayo ezindhleleni zolwandhle.
9 YEHOVA, NKOSI yetu! hai ubungcwa-
lisa begama lako emhlabeni wonke!

## ICULO IX.

**Iculo lika-Davide, libalelwe umhlabeli omkulu owenza ngemute-labene.**

NDODUMISA UYEHOVA ngenkliziyo ya-
mi yonke; ndoshumayela yonke imima-
ngaliso yako. 2 Ndovuya ndigcobe kuwe:
ndoculela igama lako, wena upezu kwo-
nke!
3 Intshaba zami ekubuyeni kwazo
ngomva, zokùbeka zibube ngennxa yako.
4 Ngokuba ulungisile ibango lami netyala
lami; wauhleli esihlalweni sobukumkani
ugweba ngobulungisa. 5 Ubakalimele aba-
heyideni, utshabalalisile okohlakeleyo,
ucimile igama labo kude kube nguna-
pakade. 6 Wena lutshaba! indawo ezicita-
keleyo zipelile kanye: izixeko uzicitile;
isikumbuzo sazo zona site tshabalala.
7 Kodwa UYEHOVA wohlala kude kube
ngunapakade: isihlalo sake sobukumkani
usimiselo ukugweba: 8 waye yena eya
kugweba ilizwe ngobulungisa; uya kwe-
nzela inklanga umgwebo ngokufanelekile-
yo. 9 UYEHOVA woba yinnyango kubo
abancinezelweyo, kwa yinnyango nga-
maxesha obunzima. 10 Abalaziyo igama
lako botembela kuwe; ngokuba wena,
YEHOVA! ungabalahlanga abakufunayo.
11 Culani KUYEHOVA, ohleli e-Ziyone:
xelani pakati kwezizwe izenzo zake. 12
Nxa abuza igazi, uyakumbula zona: aka-
libali ukukala kwababandezelweyo.
13 Ndipate ngofefe, YEHOVA! kangela
ukubandezelwa kwami ngabandizondayo,
wena undipakamisayo emasangweni okufa!
14 ukuze ndishumayele lonke udumo lwa-
ko emasangweni entombi ka-Ziyone, ndi-
gcobe kulo usindiso lwako.
15 Abaheyideni batshonele emnxunyeni
babewenzile; elutanjeni abalufihlileyo lu-
banjiwe olwabo unyawo. 16 UYEHOVA
uyaziwa ngomgwebo awenzileyo; ngom-
sebenzi wezake izandhla okohlakeleyo
utiyelwe. Sela. Higayone.
17 Abakohlakeleyo bobuyela esihogwe-
ni; kwa zonke izizwe ezilibala UTIXO.
18 Ngokuba osweleyo engayi kuhlala eli-
tyalwa; itemba lamahlwempu aliyi kuba
ngunapakade litshabalala.
19 Pakama, YEHOVA! mayingeyisi into
engumntu; izizwe mazigwetywe pambi
kwobuso bako. 20 Beka ukwoyika pezu
kwazo, YEHOVA! zizazi izizwe ukuba zi-
ngabantu kodwa. Sela.

## ICULO X.

KUNGANINA, YEHOVA! ukuba umo
kude? *kunganina ukuba* uzimele ngamaxe-
sha obunzima? 2 Okohlakeleyo ngeratshi
uyatshutshisa ihlwempu. Mababanjwe
kwa ngamaqinga abawaqingileyo. 3 Ngo-
kuba okohlakeleyo eqayisa ngenkanuko
yompefumlo wake; ubonga obawela inzu-
zo, edela UYEHOVA. 4 Okohlakeleyo, ngo-
kuqanqalaza kwake, akayi kufuna *u-Tixo*;
onke amaqinga ake *ati* akuko 'TIXO. 5
Indhlela zake ziqinile ngamaxesha onke;
imigwebo yako ipezulu kude kuye; intsha-
ba zake zonke uyazicekisa. 6 Ute enkli-
ziyweni yake: Andiyi kushukunyiswa
kwa napakade; ngokuba ndingeselishweni.
7 Umlomo wake uzele kukutuka, nayin-
kohliso, nabubuqinga: pantsi kwolwimi
lwake kuko ububi nenkohlakalo. 8 Uhleli
ezindaweni zokulalela zemizi; ezindaweni
zangasese uyabulala ongenatyala; amehlo
ake ayazifihlela olusizi. 9 Uyalalela nga-
sese, njengengonyama eludadeni; uyala-
lela ukubamba ihlwempu; uyabamba i-
hlwempu akulirolela elutanjeni lwako.
10 Uyazigoba, uyancatama, ukuba abalusizi
bawe ngento zake zamandhla. 11 Ute
enkliziyweni yake: UTIXO ulibele; ubufi-
hlile ubuso bako; akasayi kuza abone.
12 Vuka, YEHOVA! TIXO, pakamisa isa-
ndhla sako! ungalibali ababandezelweyo.
13 Yinina ukuba okohlakeleyo adele U-
TIXO? Ute enkliziyweni yake: Akuyi
kubuza. 14 Ubonile *noko*; ngokuba wena
ugqala ubunzima nenkatazo, ukuze upi-
ndezele ngesandhla sako; olusizi uyazila-
hlela kuwe; ungumncedi wenkedama
wena. 15 Yapula ingalo yokohlakeleyo
nongalungileyo: buza inkohlakalo yake
*ude* ungabi sayifumana.
16 UYEHOVA ungukumkani kude kube
ngunapakade: abaheyideni batshabalele
elizweni lake. 17 Inkanuko yabalulami-
leyo uyivile, YEHOVA! uya kulungisa inkli-
ziyo yabo; uya kubeka indhlebe yako;
18 ukuba ugwebele inkedama nonciceze-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lweyo, aze umntu wasemhlabeni angabi sabatusa.

ICULO XI.

Libalelwe umhlabeli omkulu: elika-Davide.

NDITEMBELE KUYEHOVA mina; niti nina ukuti kumpefumlo wami: Pepela entabeni yakowenu njengentaka? 2 Ngokuba, kangela, abakohlakeleyo bayatyeda isipeta; bayalungisa utolo lwabo entanjeni, ukuze batole ngasese ngakuye olungileyo ngenkliziyo. 3 Nxa zicitiwe izisekelo, angati nina olungileyo?

4 UYEHOVA usetempileni yake eyingcwele; isihlalo sobukumkani SIKAYEHOVA sisezulwini; amehlo ake ayakangela, inkope zake ziyalinga, onyana babantu. 5 UYEHOVA uyalinga olungileyo; kuloko umpefumlo wake uzonda okohlakeleyo notanda ubudhlwengu. 6 Uya kunisa pezu kwabakohlakeleyo imigibe,—umlilo, nesufure, nommoya wolwopu: isabelwa sendebe yabo soba *njalo ke.* 7 Ngokuba UYEHOVA olungileyo etanda ubulungisa; ubuso bake buyakangela olungisayo.

ICULO XII.

Iculo lika-Davide, libalelwe umhlabeli omkulu owenza ngokwesheminiti.

SIZA, YEHOVA! ngokuba ababedeshayo bepela; ngokuba abennyaniso bencipeka pakati kwonyana babantu. 2 Bayateta ubuxoki umntu kummelwane wake; bayateta ngomlomo obutelezi, *na*ngenkliziyo 'mbini. 3 UYEHOVA uya kunqamla yonke imilomo ebutelezi, nolwimi oluteta izinto ezinkulu: 4 abate: Siya kweyisa ngelwimi zetu; imilomo yeyetu; ngubanina oyinkosi pezu kwetu?

5 Ngennxa yokubandezelwa kwamahlwempu, ngennxa yokugula kwabaswelelyo, kaloku ndiya kuvuka, utsho UYEHOVA: ndiya kumbeka ekugcinekeni *lowo* amcekisayo.

6 Amazwi KAYEHOVA ngamazwi amhlope; *njenge*silivere ilingiwe esinyibilikisweni somhlaba, ecokisiweyo kasixenxe. 7 Wena, YEHOVA! uya kubagcina, wobalondoloza kwesisizukulwana kude kube ngunapakade. 8 Abakohlakeleyo bayahambahamba ngamacala onke, nxa kupakanyiswa ubunewangu bonyana babantu.

ICULO XIII.

Iculo lika-Davide, libalelwe umhlabeli omkulu.

UYA kundilibala kude kube ninina, YEHOVA? kude kube ngunapakade na? Wondifihlela ubuso bako kude kube ninina? 2 Kwoda kube ninina ndibeka amaqinga empefumlweni wami, *no*sizi enkliziyweni yami imihla ngemihla? kwoda kube ninina utshaba lwami lupakanyiswa pezu kwami?

3 Zukangele, undipendule, YEHOVA, TIXO wami! kanyisa amehlo ami, hleze ndilale ubutongo bokufa; 4 hleze luti utshaba lwami: Ndimeyisile; *na*bo balana nami bavuye ndakushukunyiswa.

5 Kodwa mina nditembile ebubeleni bako; inkliziyo yami yovuya elusindisweni lwako. 6 Ndovuma KUYEHOVA, ngokuba endenzele okulungileyo.

ICULO XIV.

Elika-Davide, libalelwe umhlabeli omkulu.

IGEZA liti enkliziyweni yalo: Akuko 'TIXO. Bonakele, benze izenzo ezizondekileyo; akuko owenza okulungileyo. 2 UYEHOVA esezulwini wakangela pantsi pezu kwonyana babantu, ukubona ukuba kuko na oqondayo, ofuna UTIXO. 3 Bapambukile bonke, badhlubukile kunye; akuko owenza okulungileyo, noko amnye.

4 Bonke abenzi benkohlakalo abanakwazi na? abadhla abantu bami *njengokungati* babesidhla isonka: ababizanga kuye UYEHOVA. 5 Bebesoyika isoyikiso kona apo: ngokuba UTIXO esesizukulwaneni sabalungileyo. 6 Nidanisile icebo lolihlwempu; ngokuba UYEHOVA eyindawo yako yokupepela.

7 Alwaba usindiswa lwo-Sirayeli lwaheluvele e-Ziyone! Nxa UYEHOVA aya kubuyisa ukutinjwa kwabantu bake, uya kugcoba u-Yakobi, uya kuvuya u-Sirayeli.

ICULO XV.

Iculo lika-Davide.

YEHOVA! ngubanina oya kuhlala ententeni yako? ngubanina oya kuma entabeni yako eyingcwele?

2 Ohambayo ngokulungileyo, esenza ngokulungisa, eteta innyaniso ngenkliziyo yake; 3 ongahlebiyo ngolwimi lwake, engenzi okubi kummelwane wake, engatabati isituko ngakumhlobo wake; 4 oti okohlakeleyo uba nokudelwa emehlweni ake, kodwa abo boyika UYEHOVA uyababeka; ofungele okubi, engaguquki noko; 5 ongaboleki imali yake ngennxa yeuzuzo enkulu, nebaso akalamkeli ngakuyo ongenatyala.



University of Fort Hare
Together in Excellence

Owenza ezizinto akayi kushukunyiswa
kude kube ngunapakade.

## ICULO XVI.

Imikitame ka-Davide.

NDILONDOLOZE, TIXO! ngokuba ndi-
tembela kuwe.
2 *Mpefumlo wami!* utshilo KUYEHOVA
ukuti: UYINKOSI yami; ukulunga kwami
aku*fikeleli* kuwe, 3 *kufikelela* kubo aba-
ngcwele abasemhlabeni, nakubadumileyo
ekukubo konke ukunyamekela kwami. 4
Ziya kwandiswa inklungu zabanxamele
*utixo* wumbi: andiyi kunikela ngeminikelo
yabo yegazi; namagama abo andiyi kuwa-
tabatela emlonyeni wami. 5 UYEHOVA
usisabelwa sesahlulo sami, nesendebe ya-
mi: wena uyagcina iqashiswa lami. 6 Inta-
mbo zokulinganisa ziwe kumi ezindaweni
ezimnandi; ewe, lilifa elihle elilelami.
7 Ndiya kumbonga UYEHOVA, ondinika
icebo: kanjalo izintso zami ziyandiluleka
ngamaxesha asebusuku. 8 UYEHOVA ndim-
bekile pambi kwami futi: engasekunene
kumi nje, andisayi kushukunyiswa. 9
Ngako oko inkliziyo yami iyavuya, nen-
gcwalisa yami iyagcoba: kanjalo innyama
yami iya kupumla ngetemba. 10 Ngokuba
ungayi kushiya umpefumlo wami ehadesi;
*kanjako* akuyi kuyekelela oyingcwele yako
eve ukubola. 11 Uya kundazisa indhlela
yobomi: ebusweni bako kuko ubuninzi
bovuyo; ngesokunene isandhla sako kuko
iziyolo ezingunapakade.

## ICULO XVII.

Umtandazo ka-Davide.

YEHOVA! yiva okulungileyo, pulapula
ukumemeza kwami; nika indhlebe emta-
ndazweni wami, onga*pumi* emlonyeni wen-
kohliso. 2 Ukugwetyelwa kwami maku-
vele ebusweni bako; amehlo ako maka-
kangele okufanelekileyo. 3 Uyilingile
inkliziyo yami; undibonile ebusuku: undi-
cokisile, akuyi kufumana 'nto; ndicingile,
umlomo wami awuyi kugqita. 4 Ngokwe-
misebenzi yabantu, ngelizwi lomlomo
wako ndizilumkile indhlela zesidhlwengu.
5 Sekela ukuhamba kwami emikondweni
yako, kuze ukunyatela kwami kungatyi-
biliki.
6 Ndibizile kuwe, ngokuba uya kundi-
pendula, TIXO! tobela kumi indhlebe yako,
uve ukuteta kwami. 7 Yenza izibele zako
zibe ngummangaliso, wena ubasindisayo
abatembela *kuwe* kwabo bavukayo ngakwe-
sandhla sako sokunene! 8 Ndigcine nje-
ngokozo lweliso, ndifihle pantsi kwesitunzi
samapiko ako, 9 kubo abakohlakeleyo
abandicitayo, *kuzo* intshaba zobomi bami
ezindiraulayo. 10 Bazivingcele ekutyebeni
kwabo: bayateta ngeratshi ngomlomo wa-
bo. 11 Basingqongile kaloku ekuhambeni
kwetu: babekile amehlo abo ukutobela
emhlabeni. 12 Ukuxelisa kwabo kunje-
ngokwengonyama enxamele ukuqwenga;
nanjengokwengonyama entsha ihleli ezin-
daweni ezingasese.
13 Vuka, YEHOVA! mpangele, mwise
pantsi: sindisa umpefumlo wami kokohla-
keleyo, olirele lako; 14 kubo abantu, aba-
sisandhla sako, YEHOVA! kubo abantu
belizwe elikoyo, abasabelwa sikwokuku-
dhliwa kwobomi, nabasisu usizalisayo
ngendyebo yako: bakoliwe ngabantwana;
nesisalela sabo bayasishiyela intsapo zabo.
15 Mina, ndobona ubuso bako ebulungi-
seni: ndoba ndikoliwe ngumfanekiselo
wako ndakuvuka.

## ICULO XVIII.

Libalelwe umhlabeli omkulu, *iculo* lesicaka sika-Yehova, lika-Davide, owawateta ku-Yehova amazwi eliculo ngomhla u-Yehova wamsindisayo esandhleni sazo zonke intshaba zake, nasesandhleni sika-Saule: wayesiti:

NDOKUTANDA, YEHOVA, Mandhla ami!
2 UYEHOVA uliliwa lami, nennqaba yami,
nomkululi wami; UTIXO wami, ilityekazi
lami; ndiya kutembela kuye: ikaka lami,
nopondo lwosindiswa lwami, *n*ennyango
yami. 3 Ndobiza KUYEHOVA, odumisekayo;
ndandiya kusindiswa ezintshabeni zami.
4 Intambo zokufa zandiraula, nemisi-
nga yobunginingini yandoyikisa; 5 inta-
mbo zehadesi zandingqonga; imigibe yo-
kufa yandipangela. 6 Ebunzimeni bami
ndabiza KUYEHOVA, ndakala KUTIXO wami:
weva ilizwi lami esetempileni yake;
nokukala kwami ebusweni bake kweza
ezindhlebeni zake. 7 Wandula umhlaba
wazamazama, wangcangcazela; namasekwa
entaba ashukuma, azamazama, ngokuba
ebequmbile. 8 Kwenyuka umsi empu-
mlweni yake; nomlilo uvela emlonyeni
wake wadhla; amalahle avuta ngawo. 9
Wagoba izulu, wehla: sasitokotoko pantsi
kwennyawo zake. 10 Wakwela pezu
kwekerubime, wapapazela; wabaleka pezu
kwamapiko ommoya. 11 Ubunnyama



University of Fort Hare
Together in Excellence

wabenza imfihlelo yake; intente yake yam-
pahla, amanzi amnyama, amafu abungqi-
ngqwa ezulu. 12 Ngenkazimlo epambi
kwake kwadhlula amafu ake, izicoto, na-
malahle omlilo. 13 UYEHOVA wadudumisa
ezulwini; opezu kwonke wanika ilizwi
lake, izicoto, namalahle omlilo. 14 Watu-
ma intolo zake, wabacita; wongezelela
ngemibane, wabapitizelisa. 15 Kwandula
kwabonakala amazantsi amanzi, atyileka
namasekwa omhlaba, ngokutetisa kwako,
YEHOVA! ngokuquta kwomoya wempu-
mlo yako. 16 Wasusa pezulu, wandita-
bata; wandirola emanzini amaninzi; 17
wandisindisa elutshabeni lwami olunama-
ndhla; nakwabo banditiyayo; ngokuba
bebendidhlula ngamandhla. 18 Bandipa-
ngela ngomhla wengozi yami; kodwa
UYEHOVA ebesisixaso kumi. 19 Wandipu-
misela endaweni ebanzi, wandikulula, ngo-
kuba ebekoliswa ndimi.

20 UYEHOVA wandivuza njengokwobu-
lungisa bami; njengokwobumhlope beza-
ndhla zami wandibuyekezela. 21 Ngokuba
ndizibambile indhlela ZIKAYEHOVA, ndandi-
ngemkanga ngenkohlakalo KUTIXO wami.
22 Ngokuba zonke izigwebo zake zibe
zipambi kwami; nemimiso yake andiyipa-
mbukisanga kumi. 23 Bendilungisekile
pambi kwake, ndandizibamba enkohlaka-
lweni yami: 24 ngako UYEHOVA undibuye-
kezele njengokwobulungisa bami, njengo-
kwobumhlope bezandhla zami pambi kwa-
mehlo ake. 25 Konobubele uyazibonaka-
lisa unobubele; kumntu olungisekile uya-
zibonakalisa ulungisekile; 26 komsulwa
uyazibonakalisa umsulwa; nakogwenxa
uyazibonakalisa ugwenxa. 27 Ngokuba
abantu ababandezelweyo ubasindisa wena;
kodwa amehlo eratshi uyawatobisa.

28 Ngokuba wena ubaneka isibane
sami: UYEHOVA, UTIXO wami, uyakanyisa
ubumnyama bami. 29 Ngokuba ngawe
ndiliwele ibandhla; kwa ngaye UTIXO
wami ndigqitile eludongeni. 30 UTIXO
indhlela yake ifezekile ukulunga; ilizwi
LIKAYEHOVA licocekile: ulikaka yena kubo
bonke abatembela kuye. 31 Ngokuba
ngubanina ONGUTIXO ngapandhle KWOYE-
HOVA? ngubanina olilityekazi ngapandhle
KWOTIXO wetu? 32 NGUTIXO ondibinqayo
ngamandhla; owenza nendhlela yami
ilungiseke. 33 Uyenza innyawo zami
zibe njengezamaxamakazi; uyandimisa
ezinnyangweni zami. 34 Uyafundisa iza-
ndhla zami ukulwa, side sityedwe isipeta
sexina ngengalo zami. 35 Undipile ika-
ka losindiso lwako; isandhla sako soku-
nene sindisekele; ukululama kwako ku-
ndenze 'mkulu. 36 Wabusenza banzi
ukunyatela kwami pantsi kwami; ati
amaqata ami akahexa. 37 Ndaputuma
intshaba zami, ndazifumana; andabuya
ndada ndazigqibela. 38 Ndazityumza, zaza
zakohlwa kuvuka; zawa pantsi kwennya-
wo zami. 39 Ngokuba ubundibinqela
ukulwa ngamandhla; ubatobisile pantsi
kwami abo babesukela ngakumi: 40 wa-
ndinika umhlana wentshaba zami; ndize
nditshabalalise abo banditiyayo. 41 Ba-
kala, kodwa bekungeko osindisayo; *kwa*
KUYEHOVA, kodwa akabapendula. 42 Ndaza
ndabaguba njengotuli ngapambi kwom-
moya; ndabalahla njengenkunkuma yezita-
rate. 43 Undikulule emapikeni abantu;
undimisele ndibe yinkloko yezizwe; aba-
ntu endingabazanga bayandikonza. 44
Ngokuva kwendhlebe bayapulapula kumi;
abasemzini bayazenzisa kumi. 45 Aba-
semzini bayasinya; bayankwantya *bepuma*
ezinnqatyeni zabo.

46 UYEHOVA uhleli; malibongwe ilitye-
kazi lami; makadunyiswe UTIXO wosindi-
swa lwami. 47 NGUTIXO ondenzela impi-
ndezelo, oweyisa izizwe pantsi kwami,
48 ondisindisa ezintshabeni zami: ewe,
wena undipakamisele ngapezulu kwabo
basukela ngakumi; undikulule emntwini
wobudhlwengu. 49 Ngako oko ndobulela
kuwe, YEHOVA! pakati kwabaheyideni,
ndicule egameni lako: 50 owandisa intsi-
ndiswa zokumkani wake; owenza ububele
kumtanjiswa wake, ku-Davide, nakuyo
inzalo yake kude kube ngunapakade.

## ICULO XIX.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu.

AMAZULU ayashumayela ubungcwa-
lisa BUKATIXO; isibakabaka siyaxela umse-
benzi wezandhla zake. 2 Immini iyampo-
mpoza ukuteta kwimmini; ubusuku bu-
yatyela ukwazi kubusuku. 3 Akuko
'nteto, akuko 'mazwi; lelingenakuvakala
ilizwi lawo. 4 Inklokoma yawo ipumele
kuwo wonke umhlaba, neziteto zawo kwa
sekupeleni kwelizwe. Kuwo wona umi-
sele ilanga intente; 5 elinjengomyeni
epuma esililini sake; elivuya njengeroti
ukukaulezela indhlela. 6 Ukupuma kwalo
livela ekupeleni kwezulu; ukuzekelela



University of Fort Hare
Together in Excellence

kwalo kungasezimncameni zalo: akuko
'nto ifihlakeleyo ekubaleleni kwalo.
7 Umteto KAYEHOVA ufezekile, ubuyisa
umpefumlo; isinqino SIKAYEHOVA sinyani-
sekile, silumkisa isidenge; 8 ingxelo ZIKA-
YEHOVA zifanelekile, zivuyisa inkliziyo;
umyalelo KAYEHOVA ungcwele, ukanyisela
amehlo; 9 ulwoyiko LUKAYEHOVA lunhlope,
lumi ngonapakade; izigwebo ZIKAYEHOVA
ziyinnyaniso, zilungile kunye. 10 Zino-
kunqweneleka pezu kwegolide, ewe, pezu
kwobuninzi begolide ecokisiweyo; zino-
kuyola pezu kwobusi nenncindi yobusi.
11 Kanjalo isicaka sako siyaliwe ugazo;
ekuzigcineni kuko umvuzo omkulu.
12 Iziposo ngubanina ongaziqondayo?
ndihlambulule kwezifihlakeleyo: 13 nqa-
nda isicaka sako nakwezeratshi; mazingabi
nabukosi pezu kwami: kukona ndiya kuba
ndifezekile, ndoba 'msulwa esigqitweni
esikulu. 14 Iziteto zomlomo wami, nezi-
camango zenkliziyo yami, mazitandeke
ebusweni bako, YEHOVA, Liwa lami nomku-
luli wami!

## ICULO XX.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu.

WANGA UYEHOVA angakupendula ngem-
mini yobunzima: langa igama LOTIXO ka-
Yakobi lingakubeka ennyangweni: 2 aku-
tumele uncedo luvela endaweni eyingcwele,
akuxase ngokuvela e-Ziyone; 3 akumbule
yonke iminikelo yako, nedini lokutshiswa
lako alamkele; Sela: 4 akunike njengoku-
senkliziyweni yako, nalo lonke icebo lako
alizalisekise! 5 Sovuyelela ngalo usi-
ndiso lwako; somisa ibanile ngegama
LOTIXO wetu. Maaze UYEHOVA azalisekise
konke ukucela kwako.
6 Kaloku ndiyazi ukuba UYEHOVA uyasi-
ndisa umtanjiswa wake; uya kumpendula
ezulwini lake eliyingcwele, *amncede* nga-
mandhla osindiso lwesandhla sako soku-
nene.
7 Abanye *bancoma* innqwelo zokulwa,
nabanye amahashe: kodwa tina siya ku-
ncoma igama LIKAYEHOVA, LOTIXO wetu. 8
Bona batobile, bawa; kanti tina sisukile,
sapakama. 9 Sindisa, YEHOVA! ukumkani
makasipendule, mhlana sibizayo.

## ICULO XXI.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu.

YEHOVA! ukumkani wovuya ngama-
ndhla ako; ukugcoba kwakò ngosindiso
lwako ukuba kukulu ke! 2 Umpile in-
kanuko yenkliziyo yake; isicelo somlomo
wake akusibandezanga. Sela. 3 Ngokuba
umpangela ngamatamsanqa okulunga; u-
yabeka isitsaba segolide ecokisiweyo
enkloko yake. 4 Ebecela ubomi kuwe,
wamnika ke; kwa ubude bemihla kude
kube ngunapakade. 5 Ubungcwalisa bake
bukulu ngalo usindiso lwako; uyabeka
udumo nobukulu pezu kwake. 6 Ngokuba
uya kumfaka amatamsanqa kude kube
ngunapakade; uya kumvuyisa ngovuyo
obusweni bako. 7 Ngokuba ukumkani
etembela KUYEHOVA: nangabo ububele bo-
pezu kwonke akayi kushukunyiswa.
8 Isandhla sako sofumana zonke intsha-
ba zako; esokunene sako sofumana abatiyi
bako. 9 Uya kubenza babe njengeziko
lomlilo ngexesha lobuko bako: UYEHOVA
uya kubaginya ngomsindo wake; umlilo
uya kubadhla. 10 Isixakato sabo uya
kusitshabalalisa wena kwa semhlabeni,
nenzalo yabo kwa kubo onyana babantu.
11 Ngokuba becebile ububi ngakuwe; ba-
cingile iqinga elikohlakeleyo, *koko* benge-
nakweyisa: 12 ngokuba uya kubajikisa
umhlana; ezintanjeni zako uya kubekisa
*intolo* ngakubo.
13 Zipakamise, YEHOVA! ebukulwini
bako; sasiya kuvuma sidumise amandhla
ako.

## ICULO XXII.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu
owenza nge-Ayelete-shahare.

TIXO wami, TIXO wami! undishiyile
nganina? ukude *nganina* ekusizweni kwa-
mi, *na*semazwini okukala kwami? 2 TIXO
wami! ndiyabiza emmini, kanti akupe-
nduli; nasebusuku, kanti akuko ukuti
ewaka kumi. 3 Kodwa wena uyingcwele,
uhleli ezindunyisweni zo-Sirayeli. 4 Oba-
wo betu batembela kuwe; batemba, wa-
bakulula ke. 5 Balilela kuwe, basindiswa
ke; batembela kuwe, abadaniswa ke. 6
Kuloko mina ndingumsundu, andinguye
umntu; ndiyinto yokugxekwa eluntwini,
neyokudelwa ngabantu. 7 Bonke aba-
ndibonayo bayandihleka; bawakamisa
umlomo, bahlunguzela inkloko, *besiti*: 8
Wayama UYEHOVA, makamsindise; ma-
kamkulule, ngokuba ekoliswa nguye. 9
Kodwa wena ungobendikupa esiswini;
wanditembisa ndisemabeleni kamá. 10
Bendilahlelwe kuwe kwa sesizalweni;
UNGUTIXO wami kwa sesiswini sikamá.



University of Fort Hare
Together in Excellence

tembela kuwe, mandingadaniswa: intshaba
zami mazingandivuyeleli. 3 Kanjalo ma-
kungabiko odaniswayo kwabakangela ku-
we: makudaniswe abo benzayo ngobuxoki
kungeko 'tuba. 4 YEHOVA! ndazise in-
dhlela zako, ndifundise imikwa yako. 5
Ndikokele ennyanisweni yako, undifu-
ndise: ngokuba wena UNGUTIXO wosi-
ndiswa lwami; ndikangela kuwe immini
yonke.

6 Kumbula, YEHOVA! innceba zako, ne-
zibele zako, ngokuba kungunapakade zi-
koyo. 7 Izono zobutsha bami, nezigqito
zami, ungazikumbuli: njengokwofefe lwako
ndikumbulele wena, ngennxa yobubele
bako, YEHOVA!

8 Ulungile UYEHOVA, unokulungisa;
ngako oko uya kubonisa aboni ngendhle-
la. 9 Uya kukokela abalulamileyo esi-
kweni; uya kufundisa abalulamileyo
indhlela yake. 10 Zonke indhlela ZIKA-
YEHOVA zibububele, ziyinnyaniso, kwabo
babambayo ucebano lwake nezinqinelo
zake. 11 Ngennxa yegama lako, YEHOVA!
xolela inkohlakalo yami, ngokuba inkulu
yona.

12 Lowamntu umoyikayo UYEHOVA ngu-
wupina? uya kumbonisa ngendhlela aya
kuyiqasha. 13 Umpefumlo wake uya ku-
hlala ekulungeni; umhlaba woba lilifa
lenzalo yake. 14 Ubuncoko BUKAYEHOVA
bunabo bamoyikayo; nocebano lwake lona
luyabazisa.

15 Amehlo ami amele UYEHOVA futi;
ngokuba eya kukupa innyawo zami eluta-
njeni. 16 Beka kumi, ube nofefe kumi;
ngokuba ndiligantuntu nolusizi mina. 17
Imbandezelwa zenkliziyo yami zandisiwe;
ndikupe ebunzimeni bami. 18 Bona usizi
lwami, nokwapuka kwami, uxolele zonke
izono zami. 19 Kangela intshaba zami,
ngokuba zinninzi; ziyanditiya ngokutiya
kwobudhlwengu. 20 Gcina umpefumlo
wami, undihlangule; mandingadaniswa,
ngokuba nditemba wena. 21 Mandilondo-
lozwe kukunyanisa nokulungisa; ngokuba
ndikangela kuwe. 22 Kulula u-Sirayeli,
TIXO! kuzo zonke imbandezelwa zake.

## ICULO XXVI.

Elika-Davide.

NDIGWEBELE, YEHOVA! ngokuba
ndihambile ngokunyanisa kwami: ndite-
mbele KUYEHOVA, andiyi kutyibilika.
2 Ndilinge, YEHOVA! undivavanye; cokisa
izintso zami nenkliziyo yami.

3 Ngokuba ububele bako bupambi kwa-
mehlo ami: ndihambile nokuhamba en-
nyanisweni yako. 4 Andihlalanga naba-
ntu abangendawo; andiyi kungena nabo
bahanahanisayo. 5 Nditiyile inklanganiso
yabenzi bokungalungileyo; andiyi kuhlala
nabakohlakeleyo. 6 Ndohlamba izandhla
zami kokungenatyala; kukona ndiya ku-
pahla isibingelo sako, YEHOVA! 7 ndize
ndivakalise ngelizwi lokubulela, ndishu-
mayele yonke imimangaliso yako. 8 YE-
HOVA! nditandile inklalo yendhlu yako,
nendawo yokuhlala kwobungcwalisa bako.

9 Ungabuti umpefumlo wami ndawonye
naboni, nobomi bami ndawonye nabantu
begazi; 10 ekuko ubumenemene ezandhle-
ni zabo, nesokunene sabo sizele ngesi-
ncwancwaniso. 11 Kodwa mina ndohamba
ngokunyanisa kwami: ndikulule, ube no-
fefe kumi. 12 Unyawo lwami lumi enda-
weni elungeleleneyo: ndobonga UYEHOVA
ezinklanganisweni.

## ICULO XXVII.

Elika-Davide.

UYEHOVA ulukanyo lwami nosindiso
lwami, ndiya kwoyika 'banina? UYEHOVA
ungamandhla obomi bami, ndiya kungca-
ngcazela ngobanina? 2 Bati abenzi boku-
ngalungileyo bakusondela ngakumi, ukuza
kudhla innyama yami, kwa abayimpi
kumi, nabazintshaba zami, bakubeka bawa.
3 Nakuba umkosi ubuya kundivimbela,
inkliziyo yami ayisayi kwoyika; nakuba
imfazwe ibiya kundivukela, senditembela
koku. 4 Innye *into* endicelileyo KUYEHOVA,
eyona ndiya kuyifuna: ukuba mandihlale
endhlwini KAYEHOVA yonke imihla yoku-
dhla 'kwami ubomi; ndize ndikangele
ubuhle BUKAYEHOVA, ndibuze nokubuza
etempileni yake. 5 Ngokuba eya kundi-
zimeza etabanakeleni yake ngomhla weli-
shwa; wondifihlela endaweni efihlakeleyo
yentente yake: wondimisa pezulu eweni.
6 Kanjalo kaloku inkloko yami yopaka-
nyiswa pezulu pezu kwentshaba zami ezi-
ndingqongayo: ngako ndiya kubinga imi-
bingo yomgcobo ententeni yake; ndovuma,
ndocula nokucula, KUYEHOVA.

7 Yiva ilizwi lami, ndakubiza, YEHOVA!
ube nofefe kumi, undipendule. 8 *Nxa
ubusiti:* Funani ubuso bami; inkliziyo
yami yati: Ubuso bako, YEHOVA! ndobu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

funa. 9 Zungandifihleli ubuso bako; zu-
ngabebeti isicaka sako ngengqumbo: ubu-
nguye umncedi wami; zungandilahli,
zungandishiyi nokundishiya, TIXO wosi-
ndiswa lwami! 10 Ngokuba ndishiyiwe
ngubawo nangumá; kodwa UYEHOVA wo-
ndamkela. 11 Ndifundise indhlela yako,
YEHOVA! undikokele ngendhlela elungele-
leneyo, ngenxa yabandihlolayo. 12 Zu-
ngandinikeli ekukanukeni kwentshaba
zami; ngokuba kuvuke ngakumi ama-
nqìna abuxoki, kwa nopefumla ubudhlwe-
ngu.
13 *Ngendiba ndibubile*, ukuba bendinga-
kolwanga ukubona ukulunga KUKATIXO
emhlabeni wabahleliyo. 14 Kangela KU-
YEHOVA, ukalipe, waeya kuyomeleza inkli-
ziyo yako; ewe, kangela KUYEHOVA.

## ICULO XXVIII.

Elika-Davide.

NDOBIZA kuwe, YEHOVA! olilityekazi
lami; zungati cwaka kumi; hleze nditi,
wakuti cwaka kumi, ndifane nabahlele
esihogweni. 2 Yiva ilizwi lezikungo
zami, ndakulilela kuwe, nxa ndipakamisa
izandhla zami ngasendaweni yako eyin-
gcwele yokupendula. 3 Zungandikuku-
lisi nabakohlakeleyo, nabenzi bokunge-
ndawo, abatetayo uxolo kubamelwane
babo, kanti bububi obusezinkliziyweni
zabo. 4 Banike njengokwemisebenzi yabo,
nanjengokwobubi bezenzo zabo: banike
njengokwokwenza kwezandhla zabo; bu-
yekeza kubo ngokubafaneleyo. 5 Ngen-
nxa yokuba bengagqali imisebenzi KAYE-
HOVA, nokwenza kwezandhla zake, uya
kubacita, akayi kubaka.
6 Makabongwe UYEHOVA; ngokuba evile
ilizwi lezikungo zami. 7 UYEHOVA unga-
mandhla ami, nekaka lami; inkliziyo yami
yatembela kuye, ndancedwa ke: iti ngoko
inkliziyo yami ivuye kakulu; ndandiya
kumdumisa ngeculo lami. 8 UYEHOVA
ungamandhla abo; uyinnqaba yosindiso
yomtanjiswa wake yena. 9 Sindisa abantu
bako, utamsanqelise ilifa lako; bapate,
ubapakamise kude kube ngunapakade.

## ICULO XXIX.

Iculo lika-Davide.

NIKELANI KUYEHOVA, nina 'bakulu!
nikelani KUYEHOVA ubungcwalisa nama-
ndhla. 2 Nikelani KUYEHOVA ubungcwa-
lisa begama lake; bedeshani UYEHOVA ebu-
hleni bobungcwele.
3 Ilizwi LIKAYEHOVA lipezu kwamanzi;
UTIXO wobungcwalisa uyadudumisa; UYE-
HOVA upezu kwamanzi amaninzi. 4 Ilizwi
LIKAYEHOVA linamandhla; ilizwi LIKAYE-
HOVA linobungangamsha. 5 Ilizwi LIKA-
YEHOVA liyapula isedare; ewe, UYEHOVA
uziti viti isedare zase-Lebanone. 6 Uya-
zitsibisa njengetole; kwa i-Lebanone ne-
Siriyone njengetole lennyati. 7 Ilizwi
LIKAYEHOVA liyanqika amalangatye omlilo.
8 Ilizwi LIKAYEHOVA liyangcangcazelisa
inklango; UYEHOVA uyangcangcazelisa
inklango yase-Kadeshe. 9 Ilizwi LIKAYE-
HOVA liyapunzisa amaxamakazi, liyawa-
hluba namahlati: kanjalo etempileni yake
bonke bakona bayateta ngobungcwalisa
*bake.*
10 UYEHOVA wahleli pezu kwomsinga
wamanzi; ewe, UYEHOVA uhleli enguku-
mkani kude kube ngunapakade. 11 UYE-
HOVA uya kunika abantu bako amandhla;
UYEHOVA uya kutamsanqelisa abantu bako
ngoxolo.

## ICULO XXX.

Iculo eliyingoma yokutwasiswa kwendlu, elika-Davide.

NDOKUPAKAMISA, YEHOVA! ngo-
kuba undinyusele pezulu, nentshaba zami
ungazivuyisanga ngami. 2 YEHOVA, TIXO
wami! ndalilela kuwe, waza wandipilisa
ke. 3 YEHOVA! unyusile umpefumlo wami
encwabeni; undigcinile ndihleli, ndizo
ndingehli ndiye esihogweni.
4 Culani KUYEHOVA, nina 'bangcwele
bake! nibulele ngenkumbuzo yobungcwele
bake. 5 Ngokuba engumzuzwanyana
*kodwa* engqumbeni yake; kuko ukudhliwa
kwobomi embukweni yake: ngokuhlwa
kungalalisa ukulila, kodwa kwakusa *kufika*
ukugcoba.
6 Ndati mina ebutamsanqeni bami:
Andisayi kuza ndishukunyiswe napakade.
7 Wena, YEHOVA! ngembuko yako, umi-
sile intaba yami ibe namandhla; wafihla
ubuso bako, ndasendituswa ke. 8 Ndabi-
zela kuwe, YEHOVA! kwa kuye UYEHOVA
ndataruzisa. 9 Kuko uncedo lwanina
egazini lami, ndakuhlela emnxunyeni?
utuli lwokudumisa na? lwoshumayela in-
nyaniso yako na? 10 Yiva, YEHOVA! ubo
nofefe ngakumi; YEHOVA! yiba ngondi-
ncedayo. 11 Undiguqulele ukulila kwami



University of Fort Hare
Together in Excellence

kwaba 'kududa; uyicumbulule inklaka-
nklaka yami, wandibinqisa uvuyo; 12
ukuze ingcwalisa *yami* iculo kuwe, ingati
tu. YEHOVA, TIXO wami! ndiya kubulela
kuwe kude kube ngunapakade.

## ICULO XXXI.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu.

YEHOVA! nditembile kuwe; mandi-
ngezi ndidaniswe: ndikulule ngobulungisa
bako. 2 Nditobele indhlebe yako; ndi-
hlangule kamsinya: yiba lilitye lamandhla
kumi; ube yindhlu yennqaba yokundisi-
ndisa. 3 Ngokuba ulíliwa lami nennqaba
yami; zuti ngoko, ngennxa yegama lako,
undikape, undikokele. 4 Ndikupe eluta-
njeni abandifihlele lona; ngokuba unga-
mandhla ami wena. 5 Ndiyabekela esa-
ndhleni sako ummoya wami: undi-
kulule, YEHOVA, TIXO wennyaniso! 6
Ndibatiyile abo babeka izinto ezingendawo
zobuxoki; kodwa mina ndiyatembela KU-
YEHOVA. 7 Ndiya kuvuya ndigcobe ngo-
bubele bako: ngokuba ububonileyo ubu-
nzima bami; uzazile imbandezelwa zompe-
fumlo wami; 8 akundinikelanga esandhleni
sotshaba: uzimisile innyawo zami enda-
weni ebanzi.
9 Yiba nofefe ngakumi, YEHOVA! ngo-
kuba ndisebunzimeni: iliso lami lona-
kele ngenkatazo, *kwa no*mxèlo wami
nombilini wami. 10 Ngokuba ubomi
bami bugqityelwe lusizi, neminyaka
yami kukugula; amandhla ami ayapela
ngennxa yobubi bami; amatambo ami ona-
kele. 11 Ngennxa yentshaba zami zonke
ndibe ndisigxekwa, nakakulu ke kubame-
lwane bami, nesoyikeko kwabo bandaziyo:
abo bandibonayo pandhle bandibaleka.
12 Ndilityelwe njengofileyo ongenakuku-
njulwa; ndinjengesitya esitshabaleleyo.
13 Ngokuba ndivile ukuhleba kwabaninzi;
ukwoyika bekungamacala onke; nxa be-
becebana ngakumi, benza ngeqinga loku-
ndihluta ubomi bami. 14 Kodwa ndate-
mbela kuwe, YEHOVA! ndati: UNGUTIXO
wami wena. 15 Amaxesha ami asesa-
ndhleni sako; ndikulule esandhleni sen-
tshaba zami, nakwabo banditshutshisayo.
16 Kanyisa ubuso bako ngasesicakeni
sako; ndisindise ngobubele bako. 17
Mandingadaniswa, YEHOVA! ngokuba ndi-
bizele kuwe: mabadaniswe abakohlake-
leyo, mabati tu encwabeni bona. 18 Mai-
tiwe cwaka imilomo exokayo, eteta into
elukuni ngakuye olungileyo ngeratshi na-
ngokudela.
19 Hai ubukulu bobubele bako! obo
ububekelele abakwoyikayo, *obo* ubenzele
abo batemba kuwe pambi kwonyana bo-
luntu. 20 Uya kubafihla endaweni efihla-
keleyo yobuko bako kuzo ingcebano zaba-
ntu; uya kubazimeza ententeni kuko uku-
pika kwelwimi. 21 Makabongwe UYEHO-
VA; ngokuba endenzele ububele bake into
engummangaliso, *njengokungati bendi*sesi-
xekweni esiyinnqaba. 22 Ngokuba ndibe
ndite ekunxameni kwami: Ndinqanyulwe
ebusweni bamehlo ako; kanti ubusiva
ilizwi lezikungo zami, ndakulilela kuwe.
23 Tandani UYEHOVA, nonke nina 'ba-
ngcwele bake! UYEHOVA elondoloza aba-
nyanisayo nje, epindezela ngokukoliseki-
leyo kowenza ngeratshi. 24 Kalipani,
waeya kwomeleza inkliziyo yenu, nonke
nina nitembela KUYEHOVA!

## ICULO XXXII.

Elika-Davide, lokuqondisa.

HAI itamsanqa lozigqito zixolelweyo,
losono siselelweyo! 2 Hai itamsanqa
lomntu UYEHOVA angabaleli kuye inkohla-
kalo, nokungeko emmoyeni wake inko-
hliso!
3 Ndindakuti cwaka, amatambo ami aba
madala ngokubomboloza kwami immini
yonke. 4 Ngokuba nasemmini nasebusuku
isandhla sako besinzima pezu kwami:
ukunyakama kwami kwaguquka kwaba
kukwoma kwehlobo. Sela. 5 Ndasazisa
kuwe isono sami, nenkohlakalo yami andi-
yigubungelanga. Ndati: Ndiya kuxela izi-
gqito zami KUYEHOVA; waza wena waxolela
ityala lesono sami. Sela. 6 Ngennxa yoku
kwotandaza kuwe bonke ababedeshayo,
ngexesha ongafunyanwa ngalo: ngahle-
kana emsingeni wamanzi amaninzi akayi
kusondela kubo. 7 Uyindawo yami yo-
kupepela wena; uya kundilondoloza ebu-
nzimeni; uya kundipahla ngemigcobo
yenkululo. Sela.
8 Ndokufundisa, ndikubonise ngendhlela
oya kuhamba ngayo: ndo*ku*nika icebo,
*ndibeke* iliso lami pezu kwako. 9 Mani-
ngabi njengehashe, *umhlaumbi* njengeqwa-
rara, into engenakuqonda, umlomo wayo
ulungele ukubanjwa ngentsimbi nangom-
kala, hleze isondele kuwe. 10 Inklungu
ezininzi zobako kokohlakeleyo; kodwa



University of Fort Hare
Together in Excellence

otembela KUYEHOVA, ububele buya kumpa-
hla. 11 Vuyani KUYEHOVA, nigcobe, nina
balungileyo! nivuyelele, nonke nina 'ba-
nkliziyo zilungisekile!

## ICULO XXXIII.

VUYELELANI kuye UYEHOVA, nina
balungileyo! indumiso ifanelekile kwaba-
lungisekileyo. 2 Dumisani UYEHOVA nge-
kinore; culani kuye ngenebele ezintambo
zilishumi. 3 Mvumeleni iculo elitsha;
lungisani ukubeta ngentsholo enkulu.
4 Ngokuba ilizwi LIKAYEHOVA lilungile;
nawo wonke umsebenzi wake ngowennya-
niso. 5 Uyatanda ubulungisa nobugwebo:
umhlaba uzele bububele BUKAYEHOVA. 6
Ngelizwi LIKAYEHOVA kwenziwa izulu,
nangommoya womlomo wake wonke umkosi
walo. 7 Uyabuta amanzi olwandhle nje-
ngemfumba; uyabeka inzulu ezindaweni
zokubekela. 8 Wonke umhlaba mawoyike
nambi KWOYEHOVA; bonke abemi belizwe
mabahlonele yena. 9 Ngokuba eke wa-
teta, kwabako ke; waxela, kwema kwenqi
ke. 10 UYEHOVA utshabalalisile icebo la-
baheyideni; utshitshisile amaqinga en-
klanga. 11 Icebo LIKAYEHOVA lima limi
kude kube ngunapakade, namaqinga en-
kliziyo yake kwisizukulwana ngesizuku-
lwana.
12 Hai itamsanqa lesizwe esiTIXO UNGU-
YEHOVA; *ne*labantu abaqashileyo babe lilifa
lake! 13 UYEHOVA uyakangela esezulwi-
ni; uyabona bonke onyana boluntu. 14
Kwa sendaweni yokuhlala kwake uyabo-
nela bonke abemi bomhlaba. 15 Uyadala
zonke inkliziyo zabo kunye; uyagqala
zonke izenzo zabo. 16 Akuko 'kumkani
usindiswayo bubuninzi bomkosi; iroti ali-
hlangulwa bubukulu bamandhla. 17 Iha-
she libuxoki ekusindiseni; aliyi kusindisa
nangobukulu bamandhla alo. 18 Bona
ke, iliso LIKAYEHOVA lingakubo abamo-
yikayo; lingakubo abatembela ebube-
leni bake; 19 ukuhlangula umpefumlo
wabo ekufeni, nokubapilisa ngexesha len-
dhlala.
20 Umpefumlo wetu uyalinda UYEHOVA;
uncedo lwetu nekaka letu nguye. 21
Ngokuba inkliziyo yetu iya kuvuya nga-
ye; ngokuba sitembele egameni lake eli-
ngcwele. 22 Ububele bako, YEHOVA!
mabube pezu kwetu, njengokuba sitemba
kuwe.

## ICULO XXXIV.

Elika-Davide, okuya wayenza yimbi ingqondo yake ebusweni baka-Abimeleki, owamgxota, wada wemka.

NDIYA kumbonga UYEHOVA ngamaxesha
onke; udumo lwake luya kuba semlo-
nyeni wami futi. 2 Umpefumlo wami
uya kuqayisa NGOYEHOVA; abalulamileyo
bova bavuye. 3 Yenzani nami ukumenza
'mkulu UYEHOVA; masipakamiso kunye
igama lake.
4 Ndafuna UYEHOVA, wandipendula ke,
wandikulula kuzo zonke izoyiko zami. 5
Bakangela kuye, bakanyiswa ke; ubuso
babo bebungenakudana. 6 Elihlwempu
labiza, wati UYEHOVA weva, walisindisa
kuzo zonke imbandezelwa zalo. 7 Inge-
losi KAYEHOVA iyamela abo bamoyikayo
ngokuti ngqonga, ibakulule.
8 Yivani nibone ukuba UYEHOVA ulu-
ngile; unetamsanqa lomntu umtembayo.
9 Yoyikani UYEHOVA, nina 'bangcwele
bake! ngokuba kungeko 'kuswela kwabo
bamoyikayo. 10 Ingonyamana ziyaswela,
zive ukulamba; kodwa abafuni BAKAYE-
HOVA abayi kuswela 'nto ilungileyo. 11
Yizani, lusapo! nipulapule kumi; ndiya
kunifundisa ukwoyika UYEHOVA. 12 Ngu-
wupina lomntu okanuka ukudhliwa kwo-
bomi, otanda imihla, ukuze abone ukulu-
nga? 13 Bamba ulwimi lwako lungayi
enkohlakalweni, nomlomo wako ungateti
inkohliso. 14 Suka enkohlakalweni, we-
nze okulungileyo; funa uxolo, uluputume
ke.
15 Amehlo KAYEHOVA angakubo abalu-
ngileyo, nendhlebe zake zingakuko uku-
kala kwabo. 16 Ubuso BUKAYEHOVA bu-
ngakubo abenzi benkohlakalo, ukuze ku-
nqanyulwe ukukunjulwa kwabo emhla-
beni. 17 Bayakala *abalungileyo*, uyeva ke
UYEHOVA; nakuzo zonke imbandezelwa
zabo uyabahlangula. 18 UYEHOVA ukufupi
nabo banenkliziyo eyapukileyo; uyasindisa
abo banommoya ogqobokileyo. 19 Zinni-
nzi intsizi zolungileyo, kodwa kuzo zona
zonke UYEHOVA uyamkulula. 20 Uya-
gcina amatambo ake onke; akuko nalinye
kuwo elapulwayo. 21 Ububi buya kubu-
lala okohlakeleyo; nabo batiya olungi-
leyo bomiselwa ityala. 22 UYEHOVA uya-
kulula imipefumlo yezicaka zake: naba
temba yena akuko namnye oya kumise-
lwa ityala.



University of Fort Hare
Together in Excellence

### ICULO XXXV.

Elika-Davide.

PIKA wena, Yehova! nabo bapika nami; yilwa wena nabo balwayo nami. 2 Bamba ikakana nekaka, upakamele ukundinceda. 3 Rola intshuntshe, uti vingci *indhlela* ngakubo abandiputumayo: yiti kumpefumlo wami: Ndilusindiso lwako. 4 Mabadaniswe, baviswe ihlazo, abo bafuna ubomi bami: mabanqandelwe ngomva, bamatiswe, abo baqingela ukwenzakala kwami. 5 Mababe njengomququ pambi kwommoya, iti ingelosi kaYehova *iba*qùbe. 6 Indhlela yabo mayibe 'bumnyama nobutelezi, iti ingelosi kaYehova ibaputume. 7 Ngokuba bendifihlelele utambo lwabo emnxunyeni kungeko 'nto; babewumbele umpefumlo wami kungekwa 'nto ke. 8 Wohlelwa yintshabalaliso engazi; utambo alufihlileyo luya kubamba yena, uya kuwa entshabalalisweni kwa kuyo yona. 9 Kodwa owami umpefumlo wovuyelela kuYehova; uya kugcoba kulo usindiso lwake. 10 Amatambo ami onke oti: Yehova! ngubanina onjengawe? wena ukululayo olihlwempu komandhla makulu kwawake, ewe, olihlwempu nosweleyo kulowo umpangayo.

11 Kuyavuka amanqìna abuxoki; ayandibuza oko endingakwazanga. 12 Ayandivuza ngokukohlakeleyo esikundhleni sokulungileyo, *efuna* ukuhlutwa kwompefumlo wami. 13 Kanti mina, nxa abesifa, ingubo yami yayinklakanklaka; ndabandezela umpefumlo wami ngokuzila ukutya; wati umtandazo wami wabuyela kwa sesifubeni sami. 14 Ndaman' ukwenza njengokungati ungumhlobo nomzalwana kumi; ndazitoba ndilila, njengokulila kwonina. 15 Kodwa bona bavuya ndakuqwalela, bahlanganisana; abajindi bahlanganisana ngakumi, ndingazi; baqwenga, bengayeki: 16 ndawonye nabahleki ababuginwa emitendelekweni, banditshixizela ngamazinyo.

17 Nkosi! uya kubonela kude kube ninina? Buyisa umpefumlo wami kuzo intshabalaliso zabo, udwa lwami kuzo ingonyamana. 18 Ndobulela kuwe enklanganisweni enkulu; ndokudumisa pakati kwabantu abaninzi. 19 Abo bazintshaba zami ngobuxoki mabangandivuyeleli; abo banditiyayo kungeko 'nto mabangapanyazi ngeliso. 20 Ngokuba bengateti uxolo; bayaqinga indawo zenkohliso ngakubo abazolileyo bomhlaba. 21 Ewe, bawakamisa umlomo wabo pezu kwami; bati: He ke! he ke! iliso letu libonile. 22 Ubonile, Yehova! ungati cwaka: Nkosi! ungabi kude nami. 23 Zivuse, uvukele ukulungiswa kwami, kwa ityala lami, Tixo wami neNkosi yami! 24 Ndilungise njengokwobulungisa bako, Yehova, Tixo wami! mabangandivuyeleli bona. 25 Mabangati ezinkliziyweni zabo: Tshotsho, mpefumlo wetu! mabangati: Simginyile. 26 Mabadaniswe, bamatiswe kunye, abo bavuyayo ngelishwa lami: mabavatiswe ngedano nangehlazo, abo bazenza bakulu ngakumi. 27 Mabadanduluke ngovuyo, bagcobe, abo bakolela ubulungisa bami; ewe, mabaman' ukuti: uYehova makenziwe 'mkulu, okolela itamsanqa lesicaka sake. 28 Ulwimi lwami luya kuteta ngobulungisa bako, *na*ngodumo lwako imini yonke.

### ICULO XXXVI.

Elika-Davide, lesicaka sika-Yehova, libàlelwo umhlabeli omkulu.

UKUGQITA kwokohlakeleyo kuti enkliziyweni yami: akuko ukwoyika uTixo pambi kwamehlo ake. 2 Ngokuba ezibonga emehlweni ake, ngokufunyanwa kwenkohlakalo yake *na*ngokutiywa *kwayo*. 3 Amazwi omlomo wake ayinto engendawo nenkohliso: usel' eyekile ukulumka nokulungisa. 4 Uyaqinga ububi elukùkweni lwake; uyazimisa endhleleni engalungileyo; akalahli okukohlakeleyo.

5 Yehova! ububele bako *bufikelela* ezulwini, *n*ennyaniso yako kude kube semafini. 6 Ubulungisa bako bunjengentaba zikaTixo; izigwebo zako ziyinzulu enkulu: uyalondoloza abantu nenkomo, Yehova! 7 Hai ukunqaba kwobubele bako, Tixo! ngako onyana babantu bopepela esitunzini samapiko ako. 8 Baya kukoliswa kukutyeba kwendhlu yako; wauya kubaseza kuwo umlambo weziyoliso zako. 9 Ngokuba unawe umtombo wokudhliwa kwobomi; sobona ukukanya kwa sekukanyeni kwako.

10 Yolula ububele bako ngakubo abakwaziyo, nobulungisa bako ngakubo abalungileyo ngenkliziyo. 11 Malungezi kumi unyawo lweratshi, nesandhla sabakohlakeleyo masingandishukumisi. 12 Bawile apo abenzi benkohlakalo; bakahlelwe pantsi, bekohlwa kuvuka.



University of Fort Hare
Together in Excellence

## ICULO XXXVII.

Iculo lika-Davide.

UNGAZIQUMBISI ngennxa yabo ba-
kwenza okungalungileyo; ungabi namona
ngakubo abenzi bobumenemene. 2 Ngo-
kuba beya kuhla banqanyulwe njengen-
nca; bobuna njengomfuno oluhlaza. 3
Tembela KUYEHOVA, wenze okulungileyo;
yima umhlaba, udhle ngokukolwa. 4 Zi-
yolise nokuziyolisa KUYEHOVA; wokunika
izicelo zenkliziyo yako. 5 Qengqela pezu
KWOYEHOVA indhlela yako; tembela kuye
nokutemba, kwakuya kwenziwa nguye.
6 Wovelisa ubulungisa bako njengokuka-
nya, nokugwetyelwa kwako njengemmini
enkulu.

7 Yiti cwaka pambi KWOYEHOVA, uhlale
ulinda yena. Ungaziqumbisi ngennxa yo-
nokutamsanqeleka endhleleni yake, ngen-
nxa yomntu owafezayo amaqinga akohla-
keleyo. 8 Yeka ingqumbo, ushiye umsi-
ndo; ungaziqumbisi, kukwenza okunga-
lungileyo kupela. 9 Ngokuba abenzi
bokungalungileyo beya kunyotulwa; kanti
abakangela KUYEHOVA, bona bowufuya
umhlaba. 10 Kwoba ngumzuzwana aze
angabiko okohlakeleyo; wogqala indawo
yake wena, kanti akaseko. 11 Kodwa
abalulamileyo bowufuya umhlaba; boziyo-
lisa ebuninzini boxolo.

12 Okohlakeleyo uyaqinga ngakuye
olungileyo; uyatshixiza ngakuye ngama-
zinyo ake. 13 INKOSI yona iya kumhleka;
ngokuba ibona ukuba immini yake iyeza.
14 Abakohlakeleyo barolile irele, batyedile
isipeta sabo, ukuze bawise ihlwempu no-
sweleyo, babulale abandhlela ilungileyo.
15 Irele labo liya kungena kweyabo inkli-
ziyo, nezipeta zabo ziya kwapulwa.

16 Intwana encinane yolungileyo ibu-
dhlule ngokulunga ubutyebi babakohlake-
leyo abaninzi. 17 Ngokuba ingalo zaba-
kohlakeleyo ziya kwapulwa; kanti UYE-
HOVA uyabasekela abalungileyo.

18 UYEHOVA uyayazi imihla yabayin-
nene; ilifa labo liya kuhlala kude kube
ngunapakade. 19 Abayi kudana ngexesha
lobubi; nasemihleni yendhlala bohlutiswa.
20 Kodwa abakohlakeleyo botshabalala;
nentshaba ZIKAYEHOVA njengamanqata em-
vana ziya kupela; njengomsi ziya ku-
pela. 21 Okohlakeleyo uyaboleka kwaba-
nye, angabuyi ahlaule; kanti olungileyo
uba nofefe, uyapa. 22 Ngennyaniso aba-
tamsanqeliswa nguye bowufuya umhlaba;
kanti abaqalekiswa nguye bonqanyulwa.

23 Amanyatela omntu *olungileyo* ayaqi-
niswa NGUYEHOVA; uyatanda indhlela yake.
24 Nakuba esiwa, akayi kuwiswa kupele;
ngokuba UYEHOVA esekela ngesandhla sake.
25 Ndibe ndimtsha, *kaloku* sendimdala;
kodwa andizanga ndibone olungileyo eshi-
yiwe, nenzalo yake ifuna ukutya. 26 Uba
nofefe imihla yonke, aboleke; inzalo yake
yeyokutamsanqelisa.

27 Suka enkohlakalweni, wenze okulu-
ngileyo, uhlale uhleli kude kube ngunapa-
kade. 28 Ngokuba UYEHOVA etanda oku-
faneleyo; akashiyi abangcwele bake: ba-
yagcinwa kude kube ngunapakade bona,
kodwa inzalo yabakohlakeleyo iyanqanyu-
lwa. 29 Abalungileyo bowufuya umhlaba,
bahlale ngonapakade pezu kwawo.

30 Umlomo wolungileyo uyaxela ubu-
lumko; ulwimi lwake luyateta okufane-
leyo. 31 Umteto WOTIXO wake usenklizi-
yweni yake; akuyi kubako elityibilikayo
kwamanyatela ake. 32 Okohlakeleyo
uyalalela olungileyo, efuna ukumbulala.
33 UYEHOVA akayi kumshiya esandhleni
sake; akayi kumgweba nxa ityala lake
litetwayo. 34 Kangela KUYEHOVA, ubambe
indhlela yake; wokupakamisa uze ufuye
umhlaba: nxa banqanyulwayo abakohla-
keleyo, wobonela.

35 Kendabona okohlakeleyo, umbande-
zeli, etwabululeka njengomti oluhlaza;
36 kodwa wadhlula, bona ke, akaseko;
ewe ndamfuna, kanti akafumaneki. 37
Gqala ofezekileyo, ukangele olungisayo;
ngokuba isipelo somntu *onje* siluxolo. 38
Kanti abagqiti bayatshatyalaliswa kunye;
isipelo sabakohlakeleyo siyanqanyulwa.
39 Kodwa usindiswa lwabalungileyo luvela
KUYEHOVA; ungamandhla abo ngexesha
lobunzima. 40 UYEHOVA wobanceda,
abakulule; uya kubakulula kubo abako-
hlakeleyo, abasindise; ngokuba betembile
kuye.

## ICULO XXXVIII.

Iculo lika-Davide, lokukumbuza.

YEHOVA! zungandohlwayi ngengqu-
mbo yako; zungandibeti ngomsindo wako.
2 Ngokuba intolo zako zindihlabile;
isandhla sako sihlele pezu kwami. 3
Akuko 'kupila ennyameni yami, ngennxa
yomsindo wako; akuko luxolo ematanjeni



University of Fort Hare

ami, ngennxa yesono sami. 4 Ngokuba
inkohlakalo zami zidhlule pezu kwenkloko
yami; njengomtwalo onzima ziyandisinda.
5 Izilonda zami ziyanuka, zibolile, ngen-
nxa yobugeza bami. 6 Ndigotyiwe, ndi-
totyiwe kakulu, ndihamba ndilila immini
yonke. 7 Ngokuba isinqe sami sizele ku-
kutsha; akuko 'kupila ennyameni yami.
8 Ndicubukile, ndapukile kanye; ndiya-
bomboloza ngennxa yexala lenkliziyo
yami. 9 NKOSI! inkanuko yami yonke
isebusweni bako; nokugula kwami akuku-
fihlelwanga. 10 Inkliziyo yami iyabeta-
beta, ndishiyiwe ngamandhla ami; noku-
kanya kwamehlo ami, kwa wona akaseko
nami.
11 Abatandi bami nabahlobo bami baya-
gwegweda esibetweni sami; nabalamane
bami bemi kude. 12 Kanjalo abo bafuna
ubomi bami baya*ndi*tiyela; nabo bafuna
ukwenzakala kwami bayateta izinto zobu-
menemene; bayacinga inkohliso immini
yonke. 13 Kodwa mina bendinjengesi-
tulu, andeva; nanjengesidenge esingavuli
umlomo waso. 14 Ndandinjengomntu o-
ngeva 'nto, nokungeko 'zohlwayo emlo-
nyeni wake. 15 Ngokuba, YEHOVA! ndi-
tembela kuwe; uya kupendula wena,
NKOSI, TIXO wami! 16 Ngokuba ndite:
*Ndipendule*, hleze bandivuyelele. Nxa lu-
tyibilikayo unyawo lwami, bayazenza ba-
kulu ngakumi. 17 Ngokuba ndihlalel' uku-
qwalela, nobuhlungu bami busebusweni
bami futi. 18 Ngokuba ndiya kushuma-
yela inkohlakalo yami; ndiya kuba novalo
ngennxa yesono sami. 19 Kodwa intshaba
zami zipilile, zomelele; nabo banditiyayo
kungeko 'ndawo bayandiswa. 20 Kanjalo
abo bavuzayo ngobubi endaweni yokulu-
nga, bayimpi kumi ngokuba ndiputuma
okulungileyo.
21 Zungandishiyi, YEHOVA! TIXO wami,
zungabi kude nami! 22 Kauleza ukuza
kundisiza, NKOSI, usindiso lwami!

## ICULO XXXIX.

Iculo lika-Davide, libhalelwe umhlabeli omkulu, u-Jedutune.

NDITE: Ndiya kulumkela indhlela
zami, ndize ndingoni ngolwimi lwami:
ndogcina umlomo wami ngomkala, nxa
okohlakeleyo asebusweni bami. 2 Ndasi-
denge ngokuti cwaka, ndati tu nakoko ku-
lungileyo; lwaza usizi lwami lwavuswa.
3 Inkliziyo yami yaba shushu pakati kwa-
mi; ndisacinga watsha umlilo; ndateta
ngolwimi lwami. 4 YEHOVA! ndazise isi-
pelo sami, nomlinganiswa wemihla yami,
ukuba ungakananina; *ndize* ndazi ukunqa-
mka kwami. 5 Bona ke, imihla yami
uyenze njengobubanzi besandhla; nexesha
lami linjengokungento pambi kwako:
ngennyaniso bakokungendawo kupela bo-
nke abantu bemi nje. Sela. 6 Ngennya-
niso umntu uyahamba njengesitunzi:
ngennyaniso bafumana benesitukutezi:
uyafumbela *indyebo*, kanti akamazi oya
kuzamkela.
7 Kaloku, NKOSI! ndikangela 'nto nina?
Itemba lami likuwe. 8 Ndikulule kuzo
zonke izigqito zami: ungandenzi isigxe-
kwa segeza. 9 Ndibe ndisidenge, anda-
vula umlomo wami; ngokuba kube kuse-
nziwa nguwe. 10 Susa isibeto sako kumi:
ndigqityiwe kukulwa kwesandhla sako.
11 Nxa uti, ngennxa yenkohlakalo, um-
luleke umntu ngezohlwayo, uyonakalisa
ubuhle bake njengenundu: ngennyaniso
bonke abantu bakokungendawo. Sela.
12 Yiva umtandazo wami, YEHOVA! 'unike
indhlebe ekukaleni kwami; zungati cwaka
ezinnyembezini zami; ngokuba ndingowa-
semzini ndikuwe nje, ndingumpambukeli
njengobawo bonke. 13 Zundiyeke, ndize
ndizomeleze, ndingekemki ukuze ndingabi
sabiko.

## ICULO XL.

Iculo lika-Davide, libhalelwe umhlabeli omkulu.

NDAHLALA ndikangela KUYEHOVA;
waza watobela kumi, weva ukukala kwami.
2 Wandinyusa emnxunyeni wentshabalalo,
naseludongweni olubudaka, wamisa in-
nyawo zami elulwalweni, waqinisa uku-
hamba kwami. 3 Wafaka iculo elitsha
emlonyeni wami, kwa indumiso kuye UTIXO
wetu: kwobonwa ngabaninzi, boyike, ba-
tembele kuye UYEHOVA. 4 Hai itamsanqa
lalomntu omisa UYEHOVA abe litemba lake;
ongabeki abaneratshi, nabajikele elulwi-
mini!
5 Zininzi izinto ozenzileyo, YEHOVA,
TIXO wami! kwa imimangaliso yako nama-
qinga ako ngakuti: akuko 'nto enokuli-
nganiswa nawe: *ukuba* ndiya kuxela ndi-
tete *ngazo*, sezikohla ngokungenakubalwa.
6 Umbingo nomnikelo ubungawutandi;
indhlebe zami uzinqikile: idini elitshi-
swayo nelesono akulibizanga. 7 Ndandul'
ukuti: Nanku sekusiza mina; emqulwini



University of Fort Hare
Together in Excellence

wennewadi kubàliwe ngami: 8 Ndiyata-
nda mina, TIXO wami! ukuyenza intando
yako; umteto wako usembilini wami pa-
kati. 9 Ndishumayele ubulungisa enkla-
nganisweni enkulu; bona ke, umlomo
wami andiwubambanga; uyazi wena, YE-
HOVA! 10 Ubulungisa bako andibufihlanga
pakati kweyami inkliziyo; ndityele innya-
niseko yako nosindiso lwako; andisiteli-
sanga ububele bako nennyaniso yako
enklanganisweni enkulu.
11 Wena, YEHOVA! ungabambi kumi
innceba zako; mandihlale ndigcinwa 'bu-
bele bako nayinnyaniso yako. 12 Ngo-
kuba ndirauliwe bububi bude bungabi
nakubalwa; inkohlakalo zami zindiba-
mbile, ndide ndikohlwe kubona; zidhlule
innwele zenkloko yami ngokuba zinninzi:
sendishiyiwe yinkliziyo yami. 13 YEHOVA!
mautande ukundikulula: YEHOVA! kau-
leza ukuza kundisiza. 14 Mabadaniswe,
bamatiswe kunye, abo bafuna ubomi bami
ukuba babububise: mabanqandelwe ngom-
va, baviswe ihlazo, abo batanda ukwenza-
kala kwami. 15 Mabasaliswe bodwa, ube
ngumvuzo wehlazo labo, abo bati kumi:
Tshotsho! Tshotsho! 16 Mabati bonke abo
bafuna wena bagcobe bavuye ngawe: ma-
bati abo batanda usindiso lwako bahlale
besiti: Makenziwe 'mkulu UYEHOVA. 17
Kodwa mina ndilihlwempu, ndingoswele-
yo; INKOSI yondikumbulela *noko*: wena
ungumncedi wami nomkululi wami; zu-
ngalibali, TIXO wami!

## ICULO XLI.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu.

HAI itamsanqa lalowo unonelela oli-
hlwempu! UYEHOVA uya kumsindisa ngem-
mini yobubi. 2 UYEHOVA uya kumlondo-
loza, amgcine ehleli; uya kuba netamsanqa
emhlabeni: kanjalo wena akuyi kumnikela
enkanukweni yentshaba zake. 3 UYEHOVA
uya kumxasa pezu kwekoye yobulwelwe:
wowuguqula wena wonke umandhlalo
wake esifeni sake.
4 Ndati: YEHOVA! yiba nofefe kumi;
pilisa umpefumlo wami; ngokuba ndonile
ngakuwe. 5 Intshaba zami ziyateta ka-
kubi ngami: Wofa ninina, lize libube iga-
ma lake? 6 Nanxa *utshaba* luza ku*ndi*-
bona, luteta ubuxoki; inkliziyo yalo iya-
zibutela inkohlakalo; luti lwakupuma
ngapandhle lu*yi*tete ke. 7 Bonke abandi-
tiyayo bayasebezelana ngakumi; ngakumi
ke bayaqingela ububi. 8 *Bati*: Into yo-
bungimingini iti nama kuye; elele nje,
akayi kubuya avuke. 9 Ewe, umntu obe-
likolwane lami, endibe nditemba yena,
obesidhla isonka sami, upakamisile isitendo
*sake* ngakumi.
10 Kodwa wena, YEHOVA! yiba nofefe
kumi, undimise, ndandiya kupindezela
kubo. 11 Ndiyazi ngoku ukuba uyandi-
tanda, ngokuba utshaba lwami lungenaku-
ndivuyelela. 12 Kanjalo okwami, uya-
ndisekela ekunyaniseni kwami; uyandi-
misa ebusweni bako ngonapakade.
13 Makabongwe UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, kwa kunapakade kude kube
ngunapakade. Amene, ewe Amene.

## ICULO XLII.

Elokuqondisa, libàlelwe umhlabeli omkulu, konyana baka-Kora.

NJENGOKUBA ixama lilangazelela
imilanjana yamanzi, kwa njalo umpefumlo
wami ulangazelela wena, TIXO! 2 Umpe-
fumlo wami unxanelwe UTIXO, kwa UTIXO
ohleliyo: ndoza ninina ndibonakale ebu-
sweni BOTIXO? 3 Innyembezi zami beziku-
kutya kwami emmini nasebusuku, uxa bati
kumi imihla yonke: Upina UTIXO wako?
4 Ndizikumbula nje ezi*zinto* ndiyapalaza
umpefumlo wami pakati kwami: ngokuba
ndibe ndidhlule nesihlwele; ndahamba
kakuhle naso endhlwini KATIXO, ngelizwi
lomgcobo nelombulelo, kwa nesihlwele
sisenza umtendeleko.
5 Kunganina ukuba utobeke, mpefumlo
wami? *kunganina* nokuba ube nesitukutezi
pakati kwami? Tembela KUTIXO; ngokuba
ndisaza kubulela kuye, *ngennxa* yoncedo
lwobuso bake.
6 TIXO wami! umpefumlo wami utobe-
kile pakati kwami; ngako oko ndokuku-
mbula ndisezweni lase-Yoredane, nakwe-
lama-Heremone, entabeni ye-Mitsare. 7
Inzulu imemeza inzulu ekungxoleni kwen-
gxangxasi zako; onke amaza ako nemi-
singa yako idhlule pezu kwami. 8 Em-
mini UYEHOVA woxela kubeko ububele bake,
nasebusuku iculo lake liya kuba nami,
kwa ukutandaza KUTIXO wobomi bami. 9
Ndoti KUTIXO: Liwa lami, kunganina
ukuba undilibele? kunganina ukuba ndi-
hambe ndilila ngennxa yokubandezela
kwotshaba? 10 Ngento yokubulala ema-
tanjeni ami bayandigxeka abo balana nami,



University of Fort Hare
Together in Excellence

nxa bati kumi imihla yonke: UTIXO wako
upina?
11 Kunganina ukuba utobeke, mpefumlo
wami? kunganina nokuba ube nesituku-
tezi pakati kwami? Tembela KUTIXO;
ngokuba ndisaza kubulela kuye, uncedo
lwobuso bami, NOTIXO wami.

### ICULO XLIII.

NDIGWEBELE, TIXO! upikise upikiso
lwami, ngakuso isizwe esingenabubele:
maundikulule endodeni yenkohliso nenko-
hlakalo. 2 Ngokuba enguwe UTIXO wa-
mandhla ami: yinina ukuba undilahlile?
yinina ukuba ndihambe ndilila ngennxa
yokubandezela kwotshaba?
3 Mautume ukanyiso lwako nennyaniso
yako: mazindikokele zona; mazindizise
entabeni yako eyingcwele nasezitabanake-
leni zako. 4 Kukona ndiya kuza kwisi-
bingelo SIKATIXO, KUTIXO oluvuyo lwami
olukulukazi; ewe, ndokudumisa ngeki-
nere, TIXO, TIXO wami!
5 Kunganina ukuba utobeke, mpefumlo
wami? kunganina nokuba ube nesituku-
tezi pakati kwami? Tembela KUTIXO;
ngokuba ndisaza kubulela kuye, uncedo
lwobuso bami, NOTIXO wami.

### ICULO XLIV.

Elokuqondisa, libàlelwe umhlabeli omkulu, ko-
nyana baka-Kora.

SIVILE ngendhlebe zetu, TIXO! obawo
betu basixelele, isenzo owasenzayo ngemi-
hla yabo, ngamaxesha akudala. 2 Wagxota
abaheyideni ngesandhla sako, wabatyala
*obawo*; wazicita inklanga, watwabulula
bona. 3 Ngokuba bengazuzanga ilizwe
ngelabo irele, neyabo ingalo ayibasindisa-
nga; besisisandhla sako sokunene, nengalo
yako, nokukanya kwobuso bako, ngokuba
ububakolela.
4 Unguwe ukumkani wami, TIXO! xela
zibeko intsindiswa zo-Yakobi. 5 Ngawe
siya kusunduzela pantsi intshaba zetu;
ngegama lako siya kunyatela pantsi abo
basukela ngakuti. 6 Ngokuba ndingayi
kutemba isipeta sami, nerele lami aliyi
kundisindisa. 7 Nguwe osisindisileyo
ezintshabeni zetu; nguwe obadanisileyo
abo basitiyayo. 8 Simdumisile UTIXO im-
mini yonke; sasiya kubulela egameni lako
kude kube ngunapakade. Sela.
9 Ulahlile noko, wasidanisa; akuhambi
nemikosi yetu. 10 Uyasibuyisa ngomva
elutshabeni; abo basitiyayo bayasipanga.
11 Usinikele sibe njengegusha sokutyiwa;
wasiti sa pakati kwabaheyideni. 12 Uya-
tengisa ngabantu bako kungeko 'ndyebo;
kanti akwandisi *indyebo yako* ngexabiso
labo. 13 Uyasenza sibe sisigxekwa kuba-
melwane betu, sibe sisihlekwa nesigculelwa
kwabo basingqongayo. 14 Uyasenza sibe
lilizwi lokuzekelisa pakati kwabaheyideni,
nesihlunguzelo senkloko pakati kwenkla-
nga. 15 Ihlazo lami lipambi kwami im-
mini yonke; ukudana kwobuso bami ku-
ndigubungele; 16 ngennxa yelizwi lom-
tuki nomgxeki; ngennxa yotshaba no-
pindezelayo.
17 Konke oku kufikile pezu kwetu;
kanti asikulibalanga, asixokanga eluceba-
nweni lwako kanjako. 18 Inkliziyo yetu
ayihlehlanga ngomva; nezihambo zetu
azisheuxanga endhleleni yako; 19 nakuba
usapule kakulu endaweni yennamba, wasi-
gubungela ngesitunzi sokufa. 20 Ukuba
silibele igama LOTIXO wetu, nokuba solule
izandhla zetu kutixo wasemzini; 21 UTIXO
akayi kukupanda na oku? ngokuba ezazi
yena izifihlakalo zenkliziyo. 22 Ngokuba
ngennxa yako sibulawa immini yonke,
sibalwa ngokungati sizigusha zokuxèlwa.
23 Vuka, NKOSI! ulala nganina? vuka,
unga*si*lahli kube ngunapakade. 24 Yinina
ukuba ufihle ubuso bako, ulibale ubunzima
betu nokubandezelwa kwetu? 25 Ngo-
kuba umpefumlo wetu utotyelwe elutulini;
isisu setu site nama emhlabeni. 26 Pa-
kama ube luncedo lwetu, usikulule ngen-
nxa yobubele bako.

### ICULO XLV.

Libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngeshoshani-
me, konyana baka-Kora, elokuqondisa, ingoma
yotando.

INKLIZIYO yami iyampompoza umci-
mbi olungileyo; ndiyateta imisebenzi yami
ngaye ukumkani; ulwimi lwami lulusiba
lwombàli okuteleyo.
2 Udhlule onyana babantu ngokuba
'mhle; kugalelwe ufefe emlonyeni wako:
UTIXO ngoko ukutamsanqelisile kude kube
ngunapakade. 3 Binqa irele lako esinqe-
ni, Somandhla! udumo lwako nobungcwa-
lisa bako. 4 Uti kwa ngobungcwalisa
bako ukwele weyise, ngennxa yennyaniso
nolulamo nobulungisa; sasiya kuti isa-
ndhla sako sokunene sikufundise izinto



University of Fort Hare
Together in Excellence

ezoyikekayo. 5 Intolo zako zibukali
enkliziyweni yentshaba zokumkani; izi-
zwe zowa pantsi kwako. 6 Isihlalo sako
sobukumkani, TIXO! singunapakade kana-
pakade; intonga yobukumkani bako yin-
tonga yokulunga. 7 Uyatanda ubulu-
ngisa, uyatiya inkohlakalo; ngako oko
UTIXO, kwa UTIXO wako, ukutambisile
ngeoli yovuyo ngapezu kwabalingane bako.
8 Zinemore nekala *n*ekasiya ingubo
zako zonke, zivela ezindhlwini zopondo
lwendhlovu apo uvuyiselwe kona. 9 Be-
kuko intombi zokumkani emankazaneni
ako adumileyo; kwesokunene isandhla
sako kwema ukumkanikazi ngegolide yase-
Ofire.

10 Pulapula, Ntombi! uqonde, utobe
indhlebe yako: libala ke abantu bakowenu,
nendhlu kayihlo; 11 kukona ukumkani
aya kunqwenela ubuhle bako kakulu;
ngokuba eyinkosi yako; uze umbedeshe
ke. 12 Nentombi yase-Tire, abazityebi
pakati kwabantu, bobongoza ubuso bako
ngomnikelo. 13 Intombi yokumkani ibu-
ngcwalisa kanye ngapakati; isivato sayo
sesesetyenzwa elilukiweyo legolide. 14
Iya kukatshelwa kukumkani ngengubo
ezitungiweyo ngamabala ngamabala: into-
mbi eziyilandelayo, ezingabalinganekazi
bayo, ziya kuziswa kuwe. 15 Zokatshwa
ngemivuyo nangomgcobo; ziya kungena
endhlwini yokumkani.

16 Endaweni yabo oyihlo kuya kubako
onyana bako, ongati wena ubenze inkosi
emhlabeni wonke. 17 Ndiya kwenza iga-
ma lako likunjulwe kuzo zonke izizuku-
lwana: zoti ngoko izizwe zibulele kuwe
kude kube ngunapakade kanapakade.

## ICULO XLVI.

Libàlelwe umhlabeli omkulu, konyana baka-Kora, ingoma ngokwehalamote.

UTIXO uyindawo yokupepela nama-
ndhla kuti: ungumncedi okoyo kakulu
ezimbandezelweni. 2 Soti ngoko singo-
yiki ekuguqulweni kwomhlaba, naseku-
shukunyisweni kwentaba pakati kwolwa-
ndhle; 3 *nxa* agquma amanzi alo, alwe;
*nxa* intaba zingcangcazela ngokukukumala
kwalo. Sela.

4 Kuko umlambo, imijelo yawo iya ku-
vuyisa isixeko SIKATIXO, *indawo* eyingcwele
yetabanakele zopezu konke. 5 UTIXO u-
pakati kwaso; asiyi kushukunyiswa: UTIXO
uya kusinceda kwa kusaza kusa. 6 Izizwe
zenza impitimpiti, izikumkani zashukunyi-
swa; wapuma ilizwi lake, umhlaba wa-
nyibilika. 7 UYEHOVA wemikosi unati;
UTIXO ka-Yakobi uyinnyango kuti. Sela.

8 Yizani nikangele imisebenzi KAYE-
HOVA, ozenzileyo intshabalaliso emhlabeni.
9 Uyapelisa imfazwe kude kube sennca-
meni yomhlaba; uyapula isipeta, anqamle
intshuntshe; innqwelo zokulwa uyazi-
tshisa emlilweni. 10 Yekani, nazi ke
ukuba ndiNGUTIXO mina: ndiya kupaka-
nyiswa ezizweni, ndiya kupakanyiswa
emhlabeni. 11 UYEHOVA wemikosi unati;
UTIXO ka-Yakobi uyinnyango kuti. Sela.

## ICULO XLVII.

Iculo libàlelwe umhlabeli omkulu, konyana baka-Kora.

YOMBELANI ngezandhla, nonke nina
'zizwe! dandulukani KUTIXO ngelizwi lo-
vuyelelo. 2 Ngokuba UYEHOVA opezu
kwonke engowoyikekayo; ungukumkani
omkulu pezu kwawo wonke umhlaba. 3
Uya kweyisa izizwe pantsi kwetu, nenkla-
nga pantsi kwennyawo zetu. 4 Uya kusi-
qashela ilifa letu, kwa ubungcwalisa buka-
Yakobi amtandileyo. Sela.

5 UTIXO unyukile nesidanduluko, kwa
UYEHOVA nelizwi lexilongo. 6 Culani KU-
TIXO, culani; culani kukumkani wetu,
culani. 7 Ngokuba UTIXO ngukumkani
womhlaba wonke; culani ngokuqondisayo.
8 UTIXO upete ngobukumkani pezu kwa-
baheyideni; UTIXO uhleli esihlalweni sako
sobukumkani esiyingcwele. 9 Inkosi ze-
zizwe zihlanganisene nabantu BOTIXO ka-
Abrahame; ngokuba amakaka omhlaba
*elunge* KUTIXO; upakamile kakulu yena.

## ICULO XLVIII.

Ingoma, iculo libàlelwe onyana baka-Kora.

UYEHOVA umkulu, ulungele ukudu-
nyiswa kakulu esixekweni SOTIXO wetu,
entabeni yake eyingcwele. 2 Inkle ngo-
bude, iluvuyiso lwomhlaba wonke, intaba
ye-Ziyone; sisemacaleni asenode isixeko
sokumkani omkulu. 3 UTIXO uyaziwa
ezindhlwini zaso zobukosi ukuba uyin-
nyango.

4 Ngokuba, kangela, okumkani bebehla-
nganisene, badhlula kunye. 5 Babona,
bandul' ukuti nqa; betuswa, bemka ngobu-
nxamo. 6 Ingcangcazelo yababamba kona,



University of Fort Hare
Together in Excellence

*n*onklungu njengeyomfazi ozalayo. 7 U-
yapula innqanawa zase-Tareshishe ngom-
moya wasempumalanga. 8 Njengokuba
sivile, sibonile kwa njalo esixekweni
SIKAYEHOVA wemikosi, esixekweni SOTIXO
wetu; UTIXO uya kusiqinisa kude kube
ngunapakade. Sela.
9 Sibucingile ububele bako, TIXO! pa-
kati kwetempile yako. 10 Kwa njenge-
gama lako, TIXO! lunjalo udunyiswa lwako
kwada kwasezinncameni zomhlaba. Isa-
ndhla sako sokunene sizele bubulungisa.
11 Intaba ye-Ziyone mayivuye, intombi
zakwa-Juda mazigcobe, ngennxa yezigwebo
zako. 12 Pahlani i-Ziyone, niyiraule; ba-
lani innqaba zayo: 13 bekelani udonga
lwapandhle lwayo inkliziyo yenu; gqalani
izindhlu zayo zobukosi; nize nibalise kwi-
sizukulwana esiza 'mva. 14 Ngokuba LO-
TIXO ONGUTIXO wetu ngonapakade kanapa-
kade; wosikokela kude kube sekufeni.

## ICULO XLIX.

**Iculo libhlolwe umhlabeli omkulu, konyana baka-Kora.**

PULAPULANI oku, nonke nina 'zizwe!
bekani indhlebe, nonke nina 'bemi belizwe
elikoyo! 2 kwa abapantsi nabapezulu, aba-
zityebi nabangamahlwempu, kunye. 3
Umlomo wami uya kuteta ubulumko; no-
kucamanga kweukliziyo yami kwoba ko-
kwokuqonda. 4 Indhlebe yami ndoyitobela
ngasemzekeliswcni: ndosivulela isintso-
nkotelo sami ngekinore.
5 Ngendisoyika nganina emihleni yo-
bubi, *nxa* inkohlakalo yabalaleli bami indi-
ngqongayo? 6 Abo batemba ubutyebi
babo, nabaqayisa ngobuninzi bendyebo
zabo, 7 akuko namnye ongaka akulule
umzalwana *wake;* akangenike KUTIXO isi-
kululiso sake; 8 (inkululwa yompefumlo
wabo inqabile nje, ipela nokupela kude
kube ngunapakade;) 9 ukuba abe esadhla
ubomi futi, angaboni 'kubola. 10 Ngokuba
ebona abalumkileyo *ukuba* banokufa, befa-
na nosidenge nodoliloyo ukububa kwabo,
bashiyele abanye ubutyebi babo. 11 Um-
bilini wabo *uti* izindhlu zabo *zohlala*
kude kube ngunapakade, *n*emizi yabo kwi-
sizukulwana ngesizukulwana; imihlaba
*yabo* bayibizile ngawabo amagama. 12
Kanti umntu oseludunyweni akahlali *noko;*
uyafana nenkomo ezitshabalalayo.
13 Lendhlela yabo ibubudenge babo;
kanti abezayo emva kwabo bayakolwa ku-
kuteta kwabo. Sela. 14 Babekiwe enewa-
beni njengegusha; ukufa kuya kubadhla;
baye abalungileyo beya kuba nobukosi
pezu kwabo kwakusa; nobuhle babo inewa-
ba liya kubonakalisa, indawo yokuhlala
kwabo. 15 Kodwa UTIXO uya kukulula
umpefumlo wami emandhleni enewaba;
ngokuba eya kundamkela. Sela. 16 U-
ngoyiki nxa umntu wenziwa isityebi; nxa
bunokwandiswa ubungcwalisa bendhlu ya-
ke: 17 ngokuba engayi kumka nanto
akufa; ubungcwalisa bake abuyi kuhla
emva kwake. 18 Nakuba ati, nxa asadhla
ubomi, awutamsanqelise umpefumlo wake,
bati *abantu* bakudumise, oko wenzayo ngo-
kuzikolisa; 19 woya *noko* esizukulwaneni
soyise bake: abasayi kuza babone ukuka-
nya napakade. 20 Umntu oseludunyweni,
engaqondi, uyafana nenkomo ezitshabala-
layo.

## ICULO L.

**Iculo lika-Safa.**

UTIXO wotixo, UYEHOVA, utetile, wa-
mema umhlaba kwa sekupumeni kwelanga
kude kube sekutshoneni kwalo. 2 Kuyo
i-Ziyone, ikupela kwobuhle, UTIXO ukazi-
mlile. 3 UTIXO wetu uya kuza, angati
cwaka: umlilo wodhla ebusweni bake;
uqwitela olukulu luya kumngqonga. 4
Uya kubiza izulu kwa pezulu, nomhlaba,
ukuze agwebe abantu bake. 5 Butelani
kumi abangcwele bami, abo balwenzileyo
ucebano nami ngombingo. 6 Laye izulu
liya kushumayela ubulungisa bake; ngo-
kuba UTIXO ungumgwebi ngokwake. Sela.
7 Yivani, bantu bami! ndandiya ku-
teta; *yiva*, Sirayeli! ndandiya kunqina
ngakuwe: ndiNGUTIXO, kwa UTIXO wako. 8
Andiyi kukwohlwaya ngennxa yemibingo
yako, namadini okutshiswa ako, esebuswe-
ni bami futi nje. 9 Andiyi kutabata 'nkabi
endhlwini yako, nenkunzi zebokwe esiba-
yeni sako: 10 ngokuba zonke izilo zehlati
zizezami, *n*enkomo ezisezintabeni ezili-
waka. 11 Ndiyazazi zonke intaka zenta-
ba; nennyamakazi zezindhle zizezami.
12 Ukuba bendilambile, ngendingatsho
kuwe; ngokuba ilizwe lilelami, nokuzala
kwalo. 13 Ndiya kudhla innyama yenku-
nzi na? ndiya kusela igazi lebokwe na?
14 Nikela KUTIXO umbulelo; ufeze iziba-
mbiso zako kopezu kwonke; 15 ubize
kumi emhleni wobunzima; ndokukulula,
wauya kundidumisa.



University of Fort Hare
Together in Excellence

16 Kodwa kokohlakeleyo uti UTIXO:
Kuyinto nina kuwe, ukushumayela izimi-
selo zami, nokuba ucebano lwami ulucole
ngomlomo wako? 17 ulutiyile nje ululeko,
namazwi ami uwaposile emva kwako nje.
18 Ute wakubona isela, waseluvumelana
nalo; bukunye nabarexezi ubukolwane
bako. 19 Umlomo wako uwuyekele enko-
hlakalweni, nolwimi lwako luyadala inko-
hliso. 20 Uyahlala uteta ngakuye umni-
nawe wako; uyahleba unyana wonyoko.
21 Ezizinto uzenzile, ndati cwaka mina;
waba ndingonjengawe kanye: kodwa ndo-
kwohlwaya, ndicwangciso emehlweni
ako.
22 Gqalani ke oku, nina nilibala UTIXO!
hleze ndiqwenge, kungabiko okululayo.
23 Osukuba enikela umbulelo uyandi-
dumisa; nolungisa indhlela *yake* ndombo-
nisa usindiso LUKATIXO.

## ICULO LI.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu, okuya u-Natane umprofite ebezile kuye, emveni kwokungena kwake ku-Batesheba.

YIBA nofefe kumi, TIXO! kwa njengabo
ububele bako: njengobuninzi benceba
zako, cima izigqito zami. 2 Ndihlanze
kunene enkohlakalweni yami, undihlambu-
lule esonweni sami. 3 Ngokuba izigqito
zami ndizazi; isono sami sisebusweni bami
futi. 4 Kungakuwe, ngakuwe wedwa
endonileyo, ndenza okukohlakeleyo eme-
hlweni ako: kukona ulungile ekuteteni
kwako, ungcwele ekugwebeni kwako. 5
Kangela, bendizalelwe enkohlakalweni;
umá waudimitela esonweni. 6 Kangela,
uyatanda innyaniso embilini; nasemfihle-
kweni uya kundazisa ubulumko. 7 Ndi-
hlambulule ngehisope, ndandiya kuba
yingcwele; ndihlanze, ndandiya kugqitisa
ingqweqwe ngokuba 'mhlope. 8 Ndi-
vise uvuyo nomgcobo; *aze* avuyelele ama-
tambo owatyumzileyo. 9 Fihla ubuso
bako ezonweni zami, ucime zonke iziko-
hlakalo zami. 10 Ndidalele inkliziyo e-
yingcwele, TIXO! uwuhlaziye ummoya
olungileyo pakati kwami. 11 Zungandi-
lahli ebusweni bako; nomoya wako oyin-
gcwele ungamsusi kumi. 12 Buyisela
kumi uvuyo lwosindiso lwako; ummoya
ovumayo maundixase.
13 *Kukona* ndiya kufundisa abagqiti
indhlela zako, naboni baya kuguqukela
kuwe. 14 Ndikulule etyaleni legazi, TIXO,
TIXO wosindiswa lwami! ulwimi lwami
luya kudumisa ubulungisa bako ngo-
vuyo. 15 NKOSI! vula umlomo wami;
kukona umlomo wami uya kushumayela
udumo lwako. 16 Ngokuba ungatandi
umbingo, ukuba ndinikele *ngawo*; aku-
koliswa lidini lokutshiswa. 17 Amadini
KATIXO angummoya owapukileyo; inkli-
ziyo eyapukileyo negqobokileyo akuyi
kuyidela, TIXO!
18 Yenzela i-Ziyone okulungileyo ngen-
kolelo yako; yaka indonga ze-Yerusa-
leme. 19 Oko uya kutanda imibingo
yobulungisa, idini elitshiswayo, nedini
elitshiswayo lipela: oko baya kunikela
ngenkabi pezu kwesibingelo sako.

## ICULO LII.

Elika-Davide, lokuqondisa, libàlelwe umhlabeli omkulu, okuya u-Dowegi um-Edome wuya waxela ku-Saule, wati kuye: u-Davide uze endhlwini ka-Ahimeleki.

YININA ukuba uziqayisele ngenkohla-
kalo, rotindini? ububele BUKATIXO buko
imihla yonke. 2 Uyaqinga izinto zobu-
menemene ngolwimi lwako, njengesitshe-
tshe sokuguya esibukali, usenza ngenko-
hliso. 3 Uyatanda okukohlakeleyo nga-
pezu kwokulungileyo; nokuxoka ngapezu
kwokuteta ubulungisa. Sela. 4 Uyatanda
onke amazwi entshabalaliso, wena 'lwimi
lwenkohliso.
5 Kanjalo UTIXO wokucita kude kube
ngunapakade; wokubamba, akuncotule en-
tenteni *yako*, akudonyule emhlabeni wa-
bahleliyo. Sela. 6 Bayo abalungileyo
beya kubona, boyike, bahleke pezu kwako,
*besiti:* 7 Nanku umntu ongamenzanga
amandhla ake UTIXO, kodwa watemba ubu-
ninzi bezake indyebo; wazomeleza ebu-
menemeneni bake.
8 Kodwa mina ndinjengomnquma olu-
hlaza endhlwini KATIXO: ndiyatembela
ebubeleni BUKATIXO ngonapakade kanapa-
kade. 9 Ndokudumisa kude kube nguna-
pakade, ngokuba ukwenzile *oku*; ndolinda
nokulinda igama lako; ngokuba kulungile
ebusweni babangcwele bako.

## ICULO LIII.

Elika-Davide, lokuqondisa, libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngemahalate.

IGEZA liti enkliziyweni yalo: Akuko
'TIXO. Bonakele, benze inkohlakalo ezo-
ndekileyo; akuko owenza okulungileyo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

2 Utixo esezulwini wakangela pantsi pezu
kwonyana babantu, ukubona ukuba kuko
na oqondayo, ofuna UTIXO. 3 Bahlehlile
bonke, badhlubukile kunye; akuko owe-
nza okulungileyo, noko amnye.
4 Abenzi benkohlakalo abanakwazi na?
abadhla abantu bami *njengokungati* babesi-
dhla isonka: ababizanga kuye UTIXO. 5
Apo bebesoyika isoyikiso, *apo* bekungeko
'soyikiso *kona:* ngokuba UTIXO ecitile ama-
tambo alowo ubemela ngakuwe: *uba*dani-
sile; ngokuba UTIXO ebalahlile.
6 Azaba intsindiswa zo-Sirayeli zabezi-
vele e-Ziyone! Nxa UTIXO aya kubuyisa
ukutinjwa kwabantu bake, uya kugcoba
u-Yakobi, uya kuvuya u-Sirayeli.

## ICULO LIV.

Elika-Davide, lokuqondisa, libàlelwe umhlabeli o-mkulu owenza ngeneginote, okuya aba-Zifi beza bati ku-Saule: u-Davide akazimeli pakati kwetu na?

NDISINDISE, Tixo! ngegama lako;
undigwebele ngamandhla ako. 2 Pulapula
umtandazo wami, Tixo! beka indhlebe
emazwini omlomo wami. 3 Ngokuba aba-
semzini bendisukele, nababandezeli befu-
nile umpefumlo wami: abambekanga U-
TIXO pambi kwabo. Sela.
4 Bona ke, UTIXO ungondincedayo:
INKOSI inabo bawusekelayo umpefumlo
wami: 5 yoti ububi ibubuyisele pezu
kwabo bandihlolayo. Banqamle ngokwen-
nyaniso yako. 6 Ndobingela kuwe ngo-
kuvuma: ndodumisa igama lako, Yehova!
ngokuba lilungile. 7 Ngokuba endikulule
kubo bonke ubunzima; neliso lami lika-
ngele pezu kwentshaba zami.

## ICULO LV.

Elika-Davide, lokuqondisa, libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngeneginote.

BEKELA umtandazo wami indhlebe,
Tixo! ungazifihli ekukungeni kwami. 2
Ndipulapule, undipendule: ndiyapalapala
ekukalazeni kwami, ndenze impitimpiti;
3 ngennxa yelizwi lotshaba, ngennxa yo-
kubandezela kwokohlakeleyo: ngokuba
beposa ububi pezu kwami, bendizonda
ngomsindo. 4 Inkliziyo yami inokututu-
mela pakati kwami; izoyikeko zokufa
zindiwele. 5 Kufike ukwoyika nokunkwa-
ntya pezu kwami; ingcangcazelo indigu-
bungele. 6 Ndaza ndati: Andaba ndapiwa
amapiko njengehobe! bendiya kubaleka,
ndipumle. 7 Kangela, bendiya kusabela
kude, ndihlale enklango. Sela. 8 Bendiya
kukaulezisa ukusinda kwami emmoyeni
oqutayo *na*seluqwiteleni.
9 Tshabalalisa, Nkosi! yahlula ulwimi
lwabo; ngokuba ndibonile ubudhlwengu
nenkani esixekweni. 10 Emmini nasebu-
suku ziyasiraula pezu kwendonga zaso;
kuko inkohlakalo nobubi pakati kwaso. 11
Ubumenemene bupakati kwaso; akumki
ubuqinga nenkohliso enkundhleni yaso.
12 Ngokuba, asi lulo utshaba lo undi-
gxekileyo; ngendinyamezele oko: asi ngo-
nditiyileyo lo uzenze 'mkulu ngakumi;
ngendimzimele yena: 13 koko enguwe,
wena 'mntu ulingana nami, umkokeli
wami, nomazane wami: 14 esibe sinikana
icebo ngokumnandi, sahambela endhlwini
KATIXO ngesipitipiti sovuyo. 15 Ukufa
makubaqubule, mabehlele ehadesi behleli;
ngokuba kuko izinto ezikohlakeleyo emzini
wabo, *na*pakati kwabo.
16 Ndiya kubiza KUTIXO mina; waeya
kundisindisa UYEHOVA. 17 Ngokuhlwa,
nakusasa, nasemmini enkulu, ndiya kuteta,
ndigule; waeya kuva ilizwi lami. 18 U-
kulule umpefumlo wami *wawubeka* eluxo-
lweni kuyo imfazwe ebingakumi; ngoku-
ba bebengakumi ngobuninzi. 19 UTIXO
uya kuva, ababandezele, kwa yena uhle-
liyo kwa kudala. Sela.
Ngennxa yokuba kungeko 'ziguqugugu-
ko kubo, abamoyiki ngoko UTIXO. 20 Uzo-
lule izandhla zake ngakwabo babexolene
naye: utshitshisile ucebano lwake. 21
Umlomo wake waubutelezi ngapezu kwa-
mafuta esibozi; kanti imfazwe ibisenklizi-
yweni yake: amazwi ake ebegqitisile ioli
ngokutamba; kanti ebengamarele aroli-
weyo *noko*.
22 Lahlela KUYEHOVA umtwalo wako;
wokuxasa ke yena: akasayi kuza avume
ukuba olungileyo ashukunyiswe. 23 Ko-
dwa wena, Tixo! uya kubahlisela em-
nxunyeni wentshabalalo; abantu begazi
nabenkohliso abayi kuqingatisa imihla
yabo: kodwa mina ndiya kutembela
kuwe.

## ICULO LVI.

Libàlelwe umhlabeli omkulu, ngokwe-Yonate-elemerekokime, imikitame ka-Davide, okuya wabanjwa ngama-Filistiya e-Gate.

I YIBA nofefe kumi, Tixo! ndinxanyelwe
ngumntu; esilwa imihla yonke nje, uya-
ndincinezela. 2 Abandihlolayo bandinxa-



University of Fort Hare

mele imihla yonke: ngokuba bebaninzi aba-
lwayo nami ngoqanqalazo. 3 Mhlana ndo-
yikayo, ndiya kutembela kuwe. 4 Kutixo
ndiya kudumisa ilizwi lake; nditembele
kutixo, andiyi kwoyika; innyama ingenza
'nto nina kumi?
5 Imihla yonke bayawajika amazwi
ami: onke amaqinga abo angawobubi
ngakumi. 6 Bayabutelana, bayazifihla,
bayahlola imikondo yami, ekubeni balinda
ubomi bami. 7 Baya kusinda ngenkohla-
kalo na? kahlela abantu ngengqumbo,
Tixo! 8 Imbadulo zami uzibalile wena:
faka innyembezi zami entsubeni yako;
aziko ennewadini yako na? 9 Mhlana
ndibizayo, oko intshaba zami ziya kubuya
ngomva: oku ndiya kwazi; ngokuba utixo
engecala lami. 10 Kutixo ndiya kudumisa
ilizwi *lake;* kuyehova ndiya kudumisa
ilizwi *lake.* 11 Nditembele kutixo, a-
ndiyi kwoyika; umntu angenza 'nto nina
kumi?
12 Izibambiso zako zipezu kwami, Tixo!
ndiya kuhlaula kuwe ngemibulelo. 13
Ngokuba uhlangule umpefumlo wami eku-
feni: akuyi *kuhlangula* innyawo zami eku-
weni na, ndize ndihambe ebusweni botixo
ekukanyeni kwabahleliyo?

## ICULO LVII.

Libàlelwe umhlabeli omkulu, elokuti: Ungatshaba-
lalisi. Imikitame ka-Davide, okuya wabaleka
u-Saule emqolombeni.

YIBA nofefe kumi, Tixo! yiba nofefe
kumi; ngokuba umpefumlo wami utembele
kuwe: ndandiya kupepela esitunzini sa-
mapiko ako, zide ingozi zidhlule. 2 Ndiya
kubizela kutixo opezu kwonke, kwa ku-
tixo oya kundifezela. 3 Uya kutuma ezu-
lwini, andisindise *kuko* ukugxeka kwondi-
nxameleyo. Sela. Utixo uya kutuma
ububele bake nennyaniso yake. 4 Umpe-
fumlo wami upakati kwengonyama: ndi-
yalala pantsi *na*bavutiweyo, onyana baba-
ntu, abamazinyo ayimigwazo nentolo, no-
lwimi lwabo lulirele elibukali. 5 Yiba
upakamile pezu kwezulu, Tixo! *no*bu-
ngcwalisa bako pezu kwomhlaba wonke.
6 Balungisile utambo emanyateleni
ami; umpefumlo wami utotyiwe; ba-
mbele isihogo ebusweni bami, beyele kuso
bona. Sela. 7 Inkliziyo yami iqinisiwe,
Tixo! inkliziyo yami iqinisiwe: ndiya
kuvuma, ndicule nokucula. 8 Vuka,
ngcwalisa yami! vuka, nebele nekinore!
ndiya kuvuka kusasa mina. 9 Ndokudu-
misa, Nkosi! pakati kwezizwe; ndocula
kuwe pakati kwenklanga. 10 Ngokuba
ububele bako bukulu kude kube sezu-
lwini, nennyaniso yako kude kube sema-
fini. 11 Yiba upakamile pezu kwezulu,
Tixo! *no*bungcwalisa bako pezu kwom-
hlaba wonke.

## ICULO LVIII.

Libàlelwe umhlabeli omkulu, elokuti: Ungatshaba-
lalisi. Imikitame ka-Davide.

NIYATETA okulungileyo ngennyaniso
na, nklanganiso? niyagweba ngokufanele-
kileyo na, bonyana babantu? 2 Okuneno
enkliziyweni niyaqinga izikohlakalo; na-
semhlabeni niyalinganisa ubudhlwengu
bezandhla zenu. 3 Abakohlakeleyo bano-
busemzini besavela esizalweni; bayala-
hleka besapuma esiswini, beteta ubuxoki.
4 Banobuhlungu obunjengobuhlungu ben-
nyoka; banjengeramba elisitulu, *e*livingca
indhlebe yalo; 5 elingayi kuva ilizwi la-
banyangayo, *kwa ela*lowo owenza ngoku-
nyanga ngokulumkileyo.
6 Yapula amazinyo abo, Tixo! emlu-
nyeni wabo: ncotula imbamba zengonya-
mana, Yehova! 7 Mabanyibilike njenga-
manzi abalekayo; *nxa* abekisa *omnye
nomnye* intolo zake, mazibe njengokungati
zinqunyulelwe. 8 Mababe njengenkumba
eyemkayo ngokunyibilika; njengesisu si-
pumayo somfazi mabangaboni ilanga. 9
Kwa zingekeva imitolo imbiza zenu, no-
kuba iluhlaza, nokuba itshile, uqwitela
lwoyikukulisa.
10 Olungileyo uya kuvuya akubona
impindezelo; uya kuhlanza innyawo zake
ngegazi lokohlakeleyo. 11 Baye abantu
beya kuti: Ngennyaniso kuko umvuzo
kuye olungileyo; ngennyaniso kuko utixo
egweba emhlabeni.

## ICULO LIX.

Libàlelwe umhlabeli omkulu, elokuti: Ungatsha-
balalisi. Imikitame ka-Davide, okuya u-Saule
ebetuma *abantu* balinde indhlu, ukuze bamfise.

NDIHLANGULE ezintshabeni zami,
Tixo wami! ndibeke pezulu kubo abandi-
sukelayo. 2 Ndihlangule kubo abenzi
benkohlakalo; undisindise emadodeni
egazi. 3 Ngokuba, kangela, balalele um-
pefumlo wami; abanamandhla babutele-
ne ngakumi; kungeko isigqito sami, ku-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngeko nesono sami, YEHOVA! 4 Bayagi-
dima bazilungise kungeko 'tyala *kumi*:
vuka ukuza kundikaulela, ubone kè.
5 Kwa wena, YEHOVA, TIXO wemikosi,
TIXO wo-Sirayeli! vuka ukuza kubohlwaya
abaheyideni bonke; ungabi nalufefe kubo
bonke abenzayo ngobuxoki kakulu. Sela.
6 Bayabuya ngokuhlwa, bayavungama
njengenja, baraule isixeko. 7 Kangela,
bayapimisela ngomlomo wabo; kuko ama-
rele emilonyeni yabo; ngokuba, *batsho*,
ngubanina ovayo? 8 Kodwa wena, YE-
HOVA! uya kubahleka; uya kudela abahe-
yideni bonke. 9 *Ngennxa* yamandhla ake
ndiya kukangela kuwe; ngokuba UTIXO
oyinnyango yami. 10 UTIXO wobubele
bami uya kundandulela; UTIXO uya kundi-
kangelisa pezu kwabandihlolayo.
11 Ungababulali, hleze abantu bami
balibale: badungudelise ngamandhla ako,
ubahlisele pantsi, NKOSI, kaka letu! 12
*Ngennxa* yesono somlomo wabo, *na*mazwi
emilomo yabo, mababanjwe ngoko era-
tshini labo, nangennxa yokutuka nokuxo-
ka *a*bakutetayo. 13 *Ba*gqibele ngengqu-
mbo, *ba*gqibele, ize bangabiko; mabazi ke
ukuba kupatwa NGUTIXO kwa-Yakobi, *na*-
kude kube sezinncameni zomhlaba. Sela.
14 Mababuye ngokuhlwa, mabavungame
njengenja, baraule isixeko. 15 Mababa-
dule ngokufuna ukutya; ukuba abahluti,
mabalalise njalo. 16 Kodwa mina ndiya
kuvuma ngawo amandhla ako; ewe, ndiya
kudumisa ububele bako ngovuyo kwa
kusasa: ngokuba ubuyinnyango nendawo
yokupepela kumi, ngemmini yokubande-
zelwa kwami. 17 Ndiya kuculela wena,
mandhla ami! ngokuba UTIXO eyinnyango
yami, UTIXO wobubele bami.

## ICULO LX.

Libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngeshushane-edute, imikitamo ka-Davide yokufundisa: okuya waesilwa nama-Siriya ase-Mesopotami nama-Siriya ase-Tsoba: nxa wabuya u-Jowabi, wabulala ama-Edome emhlanjeni we-Tyuwa amawaka alishumi elinamabini.

TIXO! usilahlile, usicitile, ubuqumbi-
le; zubuye ubuyele kuti. 2 Uwungca-
ngcazelisile umhlaba; uwucandile: pilisa
intanda zawo, uzamazama nje. 3 Uboni-
sile abantu bako into ezilukuni; usisezile
iveyine yesizunguzane. 4 Ubanikile abo
bakwoyikayo ibanile, ukuze ipakanyiswe
ngennxa yennyaniso. Sela.
5 Ukuze abatandwa bako bakululwe,
sindisa ngesokunene sako, undipendule.
6 UTIXO utetile ebungcweleni bake; ndiya
kugcoba: ndiya kwaba i-Shekeme, ndili-
nganise umhlambo we-Sukote: 7 u-Gile-
yadi ungowami; u-Manase ukwa ngowami;
u-Frayime naye ungamandhla enkloko ya-
mi; u-Juda ungumnikamteto wami: 8 i-
Mowabi isisitya sami sokuhlambela; pezu
kwe-Edome ndoposa isihlangu sami; da-
nduluka ngovuyo ngennxa yami, Filistiya!
9 Ngubanina oya kundikokela esixe-
kweni esiyinnqaba? ngubanina oya kundi-
kapela e-Edome? 10 Asi nguwe na, TIXO!
*o*wabusilahlile? akuyi kupuma na, TIXO!
nemikosi yetu? 11 Sinike uncedo ekuba-
ndezelweni; ngokuba usizo lwabantu lu-
ngendawo. 12 Ngaye UTIXO siya kwenza
ngoburoti; ngokuba enguye oya kunyatela
pantsi ababandezeli betu.

## ICULO LXI.

Elika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngeneginote.

YIVA, TIXO! isikalo sami; pulapula
umtandazo wami. 2 Kwa sekupeleni
kwomhlaba ndiya kubizela kuwe, xeshe-
kweni inkliziyo yami icubukile: ndikapele
eweni elingapezulu kumi. 3 Ngokuba
ubulihlati kumi, kwa innqaba enamandhla
ebusweni botshaba. 4 Ndiya kuhlala en-
tenteni yako kude kube ngunapakade;
ndiya kupepela esigubungelweni samapiko
ako. Sela.
5 Ngokuba wena, TIXO! uzivile iziba-
mbiso zami; undipile ilifa labo boyika
igama lako. 6 Uya kwongeza imihla emi-
hleni yokumkani; iminyaka yake yoba
njengezizukulwana ezininzi. 7 Uya ku-
hlala ebusweni BUKATIXO kude kube ngu-
napakade: maumisele ububele nennya-
niso, ukuba zimgcine. 8 Kukona ndiya
kucula egameni lako kude kube ngunapa-
kade, ndize ndifeze izibambiso zami imihla
ngemihla.

## ICULO LXII.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu, u-Jedutune.

NGENNYANISO umpefumlo wami uya-
linda UTIXO: luvela kuye usindiswa lwa-
mi. 2 Ngennyaniso nguye ilityekazi lami
nosindiso lwami; *nguye* innyango yami,
andiyi kushukunyiswa kakulu. 3 Nomana
ukuqinga ububi ngasemntwini kude kube
ninina? niya kubulawa nonke; *niya kuba*
njengodonga olutambekayo *n*otango olu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

wayo. 4 Bayacebana kupela ukuba bam-
wise ebukulwini bake; bayatanda ubuxo-
ki; bayatamsanqelisa ngomlomo wabo, ka-
nti ngombilini wabo bayaqalekisa. Sela.
5 Kodwa wena, mpefumlo wami! yiti
ewaka pambi KWOTIXO; ngokuba ukuka-
ngela kwami kuvela kuye. 6 Ngennya-
niso nguyo ilityekazi lami nosindiso lwa-
mi; *nguye* innyango yami, andiyi kushu-
kunyiswa. 7 Usindiswa lwami lnKUTIXO,
kwa nobungcwalisa bami; ilityekazi la-
mandhla ami, *n*endawo yami yokupepela,
ZIKUTIXO. 8 Tembani yena futi, bantu!
palazani inkliziyo yenu ebusweni bake:
UTIXO uyindawo yokupepela kuti. Sela.
9 Ngennyaniso abantu abamnyama aba-
ndawo; abantu abakulu babuxoki: esi-
linganisweni bayanyuka, *belula* kokunge-
ndawo kwa kunye. 10 Musani ukutemba
ekubandezeleni; musani ukuqayisa ekuba-
deni: nxa ubutyebi bandayo, musani uku-
misa inkliziyo. 11 UTIXO wateta kwa ka-
nye; kukabini endikuvileyo oku; ukuba
amandhla *alunge* KUTIXO. 12 Kanjako
kuwe, NKOSI! *kulunge* ububele; ngokuba
uvuza abanye ngabanye njengokwemise-
benzi yabo.

## ICULO LXIII.

Iculo lika-Davide, akuba senklango yakwa-Juda.

TIXO! UNGUTIXO wami; ndokufuna ku-
sasa; umpefumlo wami unxanelwe wena,
innyama yami ikulangazelele ezweni elo-
mileyo nelidiniweyo, apo kungeko 'manzi;
2 ndize ndibone amandhla ako nobu-
ngcwalisa bako, njengokuba ndikubonile
endaweni eyingcwele.
3 Ngokuba ububele bako bulungile pezu
kwokudhliwa kwobomi, umlomo wami
wokuncoma. 4 Ndiya kukubonga ngoku-
njalo nxa ndisadhla ubomi; ndiya kupaka-
misa izandhla zami egameni lako. 5 Uya
kukoliswa umpefumlo wami njengokungati
kungomongo namanqata; nomlomo wami
wokudumisa ngenteto yemigcobo; 6 nxa
ndikumbula wena esililini sami, *nxa* ndi-
cinga wena emavarashweni *asebusuku*. 7
Ubungumncedi wami nje, ndovuya ngoko
emtunzini wamapiko ako. 8 Umpefumlo
wami uti nama ukulandela wena; isandhla
sako sokunene siyandixasa.
9 Kodwa abo bafuna ubomi bami ba-
bang' ukutshatyalaliswa; baya kungena
emazantsi omhlaba. 10 Baya kweyelise-
lwa ngamandhla erele; boba sisabelwa
sempungutye. 11 Kodwa ukumkani uya
kuvuya KUTIXO; abo bonke bamfungayo
boqayisa: kodwa umlomo wabo bateta
ubuxoki wovingcelwa.

## ICULO LXIV.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu.

YIVA ilizwi lami, TIXO! ekukalazeni
kwami: gcina ubomi bami ekwoyikiseni
kwotshaba. 2 Ndifihle ekucebeni kwaba-
kohlakeleyo; nasempitimpitini yabenzi
bokungendawo; 3 abalulolayo njengerelo
ulwimi lwabo; babekisa intolo zabo, kwa
amazwi aburara; 4 ukuze bamtole ngaseso
ofezekileyo: bayamtola ngokuqubula, be-
ngoyiki. 5 Bayazomeleza emcimbini onga-
lungileyo; bayateta ngokufihla imigibe;
bati: Baya kubonwa ngubanina? 6 Baya-
panda izikohlakalo; bafezile ukupanda
okukuteleyo; kwa nombilini wabanye
ngabanye neukliziyo zendele.
7 Kodwa UTIXO uya kubatola ngentolo;
boqutyulwa ngokulinyazwa. 8 Kwa njalo
ulwimi lwabo baya kuluwisa kwa pezu
kwabo: bonke ababababonayo bobaleka.
9 Bayo bonke abantu beya kwoyika,
bashumayele umsebenzi KATIXO, banakano
isenzo sake ngokuqonda. 10 Olungileyo
uya kuvuya NGOYEHOVA, atembele kuye:
bonke abankliziyo zilungisekile boqayisa.

## ICULO LXV.

Iculo lika-Davide, lokuvunywa, libàlelwe
umhlabeli omkulu.

INDUMISO iyakulinda, TIXO! e-Ziyone;
nakuwe isibambiso siya kufezwa. 2 Wena
uvayo umtandazo! uluntu lwonke lwoza
kuwe. 3 Indawo zenkohlakalo ziyando-
yisa; izigqito zetu uya kuzixolela wena.
4 Hai itamsanqa loqashwayo nguwe, nom-
sondezayo *ukuba* ahlale emakusini ako!
siya kukoliswa kukulunga kwendhlu yako,
kwetempile yako engcwele.
5 Uya kusipendula ngezinto ezoyikeki-
leyo ngobulungisa, TIXO wosindiswa lwe-
tu! wena ulitemba lazo zonke inncamo
zomhlaba, nelabakude elwandhle: 6 oqi-
nisayo intaba ngamandhla ake, ebinqiwe
ngobomelelo; 7 otutuzelayo ukugquma
kwelwandhle, kwa ukugquma kwamaza
azo, nempitimpiti yabantu. 8 Kanjalo abo
bahleli ezindaweni zokupela bayoyika
ngennxa yemiqondiso yako.
Uyagcobisa imvelo zokusa nezokuhlwa.
9 Utyelele emhlabeni wawuceneesha;



University of Fort Hare

uyawutyebisa kakulu ngomlambo KATIXO,
ozele ngamanzi ; uyalungisa innqolowa
yabo, oko ulungisile wona ngokunjalo.
10 Uyanyela kakulu imisele yawo ; uya-
hlisa imiqela yawo ; uyawutambisa ngezi-
pango ; uyatamsanqelisa ukuhluma kwawo.
11 Uhombisile umnyaka ngobubele bako ;
ziti indhlela zako zitontsele ubunqata.
12 Ziyatontsela emariweni asenklango ;
nenduli zibinqiwe ngomgcobo. 13 Ama-
dhlelo ambatiswe imihlambi ; izihlambo
nazo zigujungelwe ngennqolowa ; ziyada-
nduluka ngovuyo, ziyavuma kanjako.

## ICULO LXVI.

Iculo lokuvunywa, libàlelwe umhlabeli omkulu.

DANDULUKANI ngovuyo, mhlaba
wonke ! 2 Culelani ubungcwalisa begama
lake ; yenzani 'bungcwalisa udunyiswa
lwake. 3 Yitini KUTIXO : Hai ukwoyikeka
kwemisebenzi yako ! ngennxa yobukulu
bamandhla ako, intshaba zako zozenzisa
kuwe. 4 Wonke umhlaba uya kubedesha
wena, bacule kuwe ; boculela igama lako.
Sela.

5 Yizani nibone imisebenzi KATIXO : wo-
yikekile ngokwenza *kwake* ngakubo onya-
na babantu. 6 Waguqula ulwandhle lube
*ngumhlaba* owomileyo, *ukuba* bawele umla-
mbo ngennyawo : kona apo siya kuvuya
ngaye. 7 Upete ngamandhla ake ngona-
pakade ; amehlo ake ayagqala abaheyi-
deni : abanenkani mabangazipakamisi.
Sela.

8 Bongani UTIXO wetu, nina 'bantu ! va-
kalisani ilizwi lokudunyiswa kwake : 9
omisa umpefumlo wetu ekudhliweni kwo-
bomi, engavumi ukuba innyawo zetu zi-
shukunyiswe. 10 Ngokuba wena, TIXO !
usilingile ; usicokisile njengokuba kucoki-
swa isilivere. 11 Wasingenisa elutanjeni ;
wabeka ubunzima esinqeni setu. 12 We-
nza ukuba kukwele abantu pezu kwen-
kloko zetu ; sangena emlilweni nasema-
nzini ; kodwa wasikupela endaweni yobu-
ninzi.

13 Ndiya kungena endhlwini yako na-
madini okutshiswa ; ndiya kufeza kuwe
izibambiso zami, 14 owabuzivulela umlo-
mo wami, waziteta kwa umlomo wami,
nxa bendisekubandezelweni. 15 Ndiya
kunikela kuwe amadini okutshiswa atyebi-
leyo, kunye nesiqumiso senkunzi zegu-
sha ; ndiya kunikela inkomo kunye nebo-
kwe. Sela.

16 Yizani nipulapule, nonke nina nimo-
yikayo UTIXO ! ndandiya kushumayela oko
akwenzele umpefumlo wami. 17 Ndabi-
zela kuye ngomlomo wami, wapakanyiswa
ngolwimi lwami. 18 Ukuba ndibe ndibo-
nile inkohlakalo enkliziyweni yami, INKOSI
inga inga*ndi*vanga : 19 *kanti* UTIXO uvile
ngennyaniso ; upulapule ilizwi lomtandazo
wami. 20 Makabongwe UTIXO ongapa-
mbukisanga umtandazo wami, kwa nobu-
bele bake kumi.

## ICULO LXVII.

Iculo lokuvunywa, libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngeneginolo.

WANGA UTIXO angasipata ngofefe, asi-
tamsanqelise, enze ubuso bake bukanye
ngakuti. Sela. 2 Ize indhlela yako ya-
ziwe emhlabeni, nosindiso lwako pakati
kwezizwe zonke. 3 Abantu mabakudu-
mise, TIXO ! bonke abantu mabakudumise.
4 Inklanga mazivuye zigcobe nokugco-
ba ; ngokuba uya kugweba abantu ngo-
kulungileyo, ukokele inklanga ezisemhla-
beni. Sela. 5 Abantu mabakudumise,
TIXO ! bonke abantu mabakudumise. 6
Umhlaba uvelisile ukucuma kwawo ; UTIXO,
kwa owetu UTIXO, uya kusitamsanqelisa.
7 UTIXO uya kusitamsanqelisa ; zaziya
kuti zonke inncamo zomhlaba zimoyike.

## ICULO LXVIII.

Iculo lika-Davide, lokuvunywa, libàlelwe umhlabeli omkulu.

MAKAVUKE UTIXO, mazicitwe intsha-
ba zake ; nabo bamtiyayo mababaleke
ubuso bake. 2 *Ba*qùbe, njengokuba ku-
qùtywa umsi : njengokunyibilika kwama-
kambe emlilweni, mabatshabalale njalo
abakohlakeleyo ebusweni BUKATIXO. 3 Ko-
dwa abalungileyo mabavuye bona ; maba-
gcobe pambi KWOTIXO ; ewe, mabavuye
ngovuyo olukulu.

4 Vumani KUTIXO, culani egameni lake ;
bongani okwelayo emazulwini ngegama
lake eliNGUYEHOVA, nigcobe ebusweni ba-
ko. 5 Unguyise wenkedama, nomgwebeli
wabahlolokazi, UTIXO ekayeni lake eliyin-
gcwele. 6 UTIXO uyahlalisa amagantuntu
endhlwini ; ababanjiweyo uyabakupela
ebutamsanqeni ; kodwa abanenkani bahleli
endaweni eyomileyo.

7 TIXO ! wakupumela pambi kwabantu
bako, wakuhamba ebugxwayibeni ; Sela : 8
umhlaba wangcangcazela, nezulu latontsela



University of Fort Hare
Together in Excellence

ebusweni BUKATIXO; kwa le-Sinai ebu-
sweni BOTIXO, BOTIXO wo-Sirayeli. 9 We-
na, TIXO! waunisa imvula enkulu; wamisa
ilifa lako lakudinwa. 10 Umhlambi wako
uhleli kulo; wena, TIXO! ulungisele ama-
hlwempu ngobubele bako. 11 INKOSI ya-
nika ilizwi; abafazi abashumayelayo inda-
ba bangumkosi omkulu. 12 Okumkani
bemikosi babaleka ngokubaleka; waza um-
fazi owasala ekaya waba amaxoba. 13 Nxa
niya kulala pantsi pakati kwezibaya, *niya
kuba njenga*mapiko ehobe eligujungelwe
ngesilivere, nentsiba zalo ngegolide elu-
belu. 14 Nxa onamandhla onke wabacita
okumkani kulo, laba 'mhlope njengen-
gqweqwe e-Tsalimone.

15 Yintaba KATIXO intaba ye-Bashane,
yintaba ende intaba ye-Bashane. 16 Ni-
nomona nganina, zintaba ezinde? *Nantsi*
intaba UTIXO atanda ukuhlala kuyo: ewe,
UYEHOVA uya kuma *kona* kude kube ngu-
napakade. 17 Innqwelo zokulwa ZIKA-
TIXO zimawaka amashumi mabini, kwa
amawaka apindapindiweyo: INKOSI ipakati
kwawo *njenga*se-Sinai, endaweni eyin-
gcwele. 18 Unyukele ennyangweni wena;
amatinjwa uwatimbile; wamkelele abantu
izipiwo, ewe, nabanenkani, ize UYEHOVA
UTIXO ahlale *pakati kwabo.* 19 Maibongwe
INKOSI imihla ngemihla: *nakuba* ibeka um-
twalo pezu kwetu, INGUTIXO wosindiswa
lwetu *noko.* Sela.

20 UTIXO wetu NGUTIXO wosindiso; na-
kuye UYEHOVA OYINKOSI *kulunge* izipumelo
ekufeni. 21 Ngennyaniso UTIXO uya ku-
limaza inkloko yentshaba zake, *no*kakai
olunennwele lwomana ehamba etyaleni
lake. 22 Yati INKOSI: Ndiya kubuyisa
e-Bashane; ndiya kubuyisa ezinzulwini
zolwandhle; 23 ukuze ulushukumise u-
nyawo lwako egazini lentshaba, *no*lwimi
lwezinja zako kwelezinnye ngezinnye.

24 Babonile izihambo zako, TIXO! kwa
izihambo ZOTIXO wami, zokumkani wami,
endaweni eyingcwele. 25 Abavumi ba-
hamba pambili; ababeti beziculiso bebe-
ngasemva; ngapakati bekuko intombi zi-
beta intambula. 26 Bongani UTIXO ezin-
klanganisweni, kwa INKOSI, nina ninga-
bomtombo ka-Sirayeli! 27 Kuko um-
Benjamine omncinane *no*mpati wabo, inkosi
zakwa-Juda *na*mapakati azo, inkosi zakwa-
Zebulone, *n*enkosi zakwa-Nefatali.

28 UTIXO wako umisele amandhla ako;
yomeleza, TIXO! oko okwenzele tina.
29 Ngennxa yetempile yako e-Yerusaleme,
okumkani bozisa iminikelo kuwe. 30 Te-
tisa isilo sasezingcongolweni, inklanganiso
yenkunzi, kunye namatole ezizwe, nabo
bazitobayo ngeziqingata zesilivere: uzi-
citile yena izizwe ezitanda imfazwe. 31
Kwovela amanene e-Jipete: u-Kushe wo-
kauleza ukwolulela KUTIXO izandhla zake.

32 Vumani KUTIXO, zikumkani zomhla-
ba! culani kuyo INKOSI; Sela: 33 kulowo
ukwela emazulwini amazulu kwa kudala:
bona ke, uyakupa ilizwi lake, ilizwi elina-
mandhla. 34 Nikelani KUTIXO udumo;
*o*bungcwalisa bake bupezu kwo-Sirayeli,
namandhla ake asesibakabakeni. 35 Uyo-
yikeka, TIXO! usezindaweni zako ezi-
ngcwele; UTIXO wo-Sirayeli nguye onika
abantu amandhla nobomelelo. Makabo-
ngwe UTIXO.

## ICULO LXIX.

Elika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu owenza
ngeshoshanime.

NDISINDISE, TIXO! ngokuba amanzi
engene empefumlweni. 2 Nditshonile elu-
dakeni olunzulu, kungeko 'ndawo yokuma:
ndingene ezinzulwini zamanzi, apo umsi-
nga undikukulisayo. 3 Ndidiniwe kuku-
biza kwami; umqala wami utshile; ame-
hlo ami ayapela, nxa ndilinda UTIXO wami.
4 Bagqitisile innwele zenkloko yami ngo-
kuba baninzi abanditiyayo kungeko 'tuba;
bayinto enkulu abanga banganditshabala-
lisa, abazintshaba zami kungeko 'ndawo:
oko ndingakupanganga ndiya kwandula
ndikubuyise.

5 TIXO! uyazi wena ngobugeza bami;
nezilandu zami azikufihlelwanga. 6 Abo
bakangela kuwe, NKOSI, YEHOVA wemikosi!
mabangadaniswa ngami: abo bakufunayo,
TIXO wo-Sirayeli! mabangaviswa ihlazo
ngami. 7 Ngokuba ngennxa yako ndi-
twele isituko; ihlazo ligubungele ubuso
bami. 8 Sendingowasemzini kubazalwana
bami, nongaziwayo kubantwana bakamá.
9 Ngokuba ubukwele bendhlu yako bu-
ndidhlile; izituko zabakutukileyo ziwile
pezu kwami. 10 Ndaye ndilila *ndagqiba*
umpefumlo wami ekuzileni; kanti *oko*
kwaba yinto yokutukwa kwami. 11 Ka-
njalo ndenza ingubo yami ngenklakankla-
ka; ndaza ndaba yinto yokuzekeliswa
kubo. 12 Abo bahleli esangweni bayateta
ngakumi; ndiba yingoma yabasela ntya-
lwa.



University of Fort Hare
Together in Excellence

13 Kodwa mina, ukutandaza kwami ku-
kuwe, Yehova! ngexesha elikolekileyo:
Tixo! ngobuninzi bobubele bako ndipe-
ndule, ngennyaniso yosindiso lwako. 14
Ndihlangule eludakeni, mandingatshoni:
mandihlangulwe kwabanditiyayo, nasezin-
zulwini zamanzi. 15 Umsinga wamanzi
maungandikukulisi, inzulu maingandi-
ginyi, umnxuma maungavingci umlomo
wawo pezu kwami. 16 Ndive, Yehova!
ngokuba ububele bako bulungile; beka
kumi ngabo ubuninzi bemnceba zako. 17
Zungafihleli isicaka sako ubuso bako; ngo-
kuba ndisekubandezelweni; ndipendule
kamsinya. 18 Sondela empefumlweni wa-
mi, uwukulule; ngenxa yentshaba zami
ndisindise.

19 Wena wazile ukutukwa kwami, no-
kudana kwami, nokuhlaziswa kwami: abo
bayimpi kumi bonke bapambi kwako.
20 Ukutukwa kuqekezile inkliziyo yami;
ndiyafa kakulu: ndakangela ukukûzwa,
kanti bekungeko; nabatutuzeli, kanti
andibafumananga. 21 Bandinika innyongo
ibe kukudhla kwami; nasekunxanweni
kwami bandiseza iyasine.

22 Isitebe sabo masibe sisibata ebu-
sweni babo; ewe, masibe ngumgibe kubo
besekwonwabeni. 23 Amehlo abo make-
nziwe 'mnyama, baze bangaboni; nezinqe
zabo uzenze zingcangcazele futi. 24 Ga-
lela ingqumbo yako pezu kwabo, buti
ubushushu bomsindo wako bubabambe.
25 Maibe indhlu yabo icitakele; makunga-
biko namnye ohlala ezintenteni zabo. 26
Ngokuba betshutshisa lowo umbetileyo
wena, beteta ngobuhlungu bennxwelera
zako. 27 Beka inkohlakalo pezu kwenko-
hlakalo yabo; mabangangeni ebulungiseni
bako. 28 Mabacinywe encwadini yaba-
hleliyo; mabangabàlwa ndawonye nabalu-
ngileyo.

29 Kodwa mina ndibuhlwempu, ndilu-
sizi: usindiso lwako, Tixo! malundibeke
ennyangweni. 30 Ndiya kudumisa igama
likaTixo ngeculo, ndimenze 'mkulu ngom-
bulelo. 31 *Oku* kuya kukolisa uYehova
pezu kwenkabi, *napezu* kwenkunzana e-
nempondo eyahluka impupu. 32 Abalula-
mileyo bobona bavuye; yaiya kupila in-
kliziyo yenu, nina nimfunayo uTixo! 33
Ngokuba uYehova esiva amahlwempu,
engadeli nababanjwa bake.

34 Mazimdumise izulu nomhlaba, ilwa-
ndhle nento zonke ezishukumayo kuzo.
35 Ngokuba uTixo eya kusindisa i-Ziyone,
ake izixeko zakwa-Juda; ize bahlale kona,
bayifuye. 36 Inzalo yezicaka zake nayo
iya kudhla ilifa layo; nabo batanda igama
lake bohlala kuyo.

## ICULO LXX.

Elika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu, eloku-
kumbuza.

*KAULEZA*, Tixo! ukuza kundikulula;
kauleza, Yehova! ukuza kundisiza. 2 Ma-
badaniswe bamatiswe abo bafuna ubomi
bami: mabanqandelwe ngomva, baviswe
ihlazo, abo batanda ukwenzakala kwami.
3 Mababuye, ube ngumvuzo wehlazo labo,
abo bati: Tshotsho! Tshotsho! 4 Mabati
bonke abo bafuna wena bagcobe bavuye
ngawe; mabati abo batanda usindiso lwa-
ko bahlale besiti: Makenziwe 'mkulu
uTixo. 5 Kodwa mina ndilihlwempu,
ndingosweleyo; yiza kumi kamsinya,
Tixo! wena ungumncedi wami nomkululi
wami; zungalibali, Yehova!

## ICULO LXXI.

YEHOVA! nditembile kuwe; mandi-
ngezi ndidaniswe. 2 Ndihlangule ngobu-
lungisa bako, undikulule; tobela kumi in-
dhlebe yako, undisindise. 3 Yiba liliwa
lokuhlala kumi, endiya kuza kulo futi:
usel' uyalele ukuba ndisindiswe; ngokuba
ulilitye lami nenqaba yami. 4 Tixo
wami! ndikulule esandhleni sokohlake-
leyo, kwa sesandhleni solimenemene no-
sijora. 5 Ngokuba nguwe ukukangela
kwami, Nkosi, Yehova! ulitemba lami
kwa sebutsheni bami. 6 Ndisekelwe ngu-
we kwa sesizalweni; nguwe owandiku-
payo esiswini sikamá: indumiso yami
yoba ngawe futi. 7 Ndaba njengomma-
ngaliso kwabaninzi; kodwa nguwe isipe-
pelo sami esinamandhla. 8 Umlomo wami
uya kuzaliswa ngodumo lwako, *na*ngobu-
ngcwalisa bako immini yonke. 9 Zunga-
ndilahli ngexesha lobudala; zungandishiyi
kwakupela amandhla ami. 10 Ngokuba
abazintshaba zami beteta ngami, nabahlo-
layo umpefumlo wami bayacebisana, 11
besiti: Utixo umshiyile; putumani nim-
bambe, kungeko okululayo nje. 12 Tixo!
zungabi kude nami: Tixo wami! kauleza
ukuza kundinceda. 13 Baya kudaniswa
bagqityelwe, abo bayimpi kumpefumlo
wami; baya kwambatiswa ngxekwa ne-
hlazo, abo bafuna ukwenzakala kwami.



University of Fort Hare
Together in Excellence

14 Kodwa mina ndiya kutemba futi;
ndandiya kuman' ukwongezelela ukuku-
dumisa. 15 Umlomo wami uya kubalisa
ubulungisa bako, *n*osindiso lwako immini
yonke; nakuba ndingazi amanani. 16
Ndiya kuhamba ngamandhla ENKOSI ENGU-
YEHOVA; ndiya kukankanya obako ubulu-
ngisa, obako bodwa. 17 TIXO! undifundi-
sile kuselokwa sebutsheni bami; nakwada
kwakaloku ndiyishumayele imimangaliso
yako. 18 Ngako kanjalo, nxa kukoyo ubu-
dala nezimvi, zungandishiyi, TIXO! ndide
ndishumayele ingalo yako kwisizukulwana
*esikoyo*, namandhla ako kuzo zonke ezisa-
kuza. 19 Ubulungisa bako nabo, TIXO!
bufikela pezulu, wena uzenzileyo izinto
ezinkulu: TIXO! ngubanina onjengawe?
20 Wena undibonisileyo intsizi ezinninzi
nezimbi, uya kubuya undipilise; uya ku-
buya undinyuse ezinzulwini zomhlaba. 21
Uya kwandisa ubukulu bami, undonwabise
ngamacala onke. 22 Nami ndokudumisa
ngenebele, kwa innyaniso yako, TIXO
wami! ndokuculela ngekinore, wena
'ngcwele ka-Sirayeli! 23 Umlomo wami
uya kuvuya kakulu, nxa ndikuculelayo;
nompefumlo wami, owukululeyo. 24 Ka-
njako ulwimi lwami luya kuteta ngobulu-
ngisa bako immini yonke; ngokuba beda-
nisiwe bamatiswa abo bafuna ukwenzakala
kwami.

## ICULO LXXII.

Elibàlelwe u-Solomone.

TIXO! nika izigwebo zako kukumkani,
nobulungisa bako kunyana wokumkani.
2 Uya kupata abantu bako ngobulungisa,
namahlwempu ako ngobugwebo. 3 Intaba
ziya kuvelisela abantu uxolo, kwa nenduli,
ngennxa yobulungisa. 4 Uya kugwebela
amahlwempu abantu; uya kusindisa o-
nyana babasweleyo; uya kutyumza umba-
ndezeli.

5 Baya kukwoyika kunye nokuhlala
kwelanga nennyanga, izizukulwana ngezi-
zukulwana. 6 Wohla njengemvula pezu
kwennca esikiweyo, njengezipango ezi-
nyelayo umhlaba kakulu. 7 Emihleni ya-
ke olungileyo uya kuhluma, nobuninzi bo-
xolo ide innyanga ingabi sabiko.

8 Waeya kupata ngobukosi kwa selwa-
ndhle kude kube selwandhle, nasemlambo
kude kube sezinncanyeni zomhlaba. 9
Abemi benklango baya kuguqa pambi
kwako, nentshaba zako ziya kukota utuli.
10 Okumkani base-Tareshishe nabeziqiti
bozisa umnikelo; okumkani base-Sheba
nabase-Seba bosondeza amabaso. 11 Ewe,
okumkani bonke baya kutoba pantsi kuye;
izizwe zonke ziya kumkonza.

12 Ngokuba eya kukulula osweleyo
akukala; nolusizi okungeko 'mncedi kuye.
13 Uya kuba nenneeba kolihlwempu no-
sweleyo; nemipefumlo yabasweleyo wo-
yisindisa. 14 Uya kukulula umpefumlo
wabo ebuqingeni nasebudhlwengwini;
negazi labo loba yinto enqabileyo eme-
hlweni ake.

15 Waeya kuhlala epilile, kunikwe kuye
kwigolide yase-Sheba; kwakuya kutanda-
zelwa yena futi, abongwe imihla yonke.
16 Kuya kubako intwana yennqolowa em-
hlabeni pezu kwengcopo yentaba; isixa-
kato sayo siya kuratshaza njenge-Leba-
none: nabasesixekweni baya kutyatyamba
njengennca yomhlaba. 17 Igama lake
liya kubako kude kube ngunapakade;
igama lake lohlala kunye nokuhlala kwe-
langa; *abantu* botanyusanqelwa ngaye;
zonke izizwe zombiza ngonetamsanqa.

18 Makabongwe UYEHOVA UTIXO, UTIXO
wo-Sirayeli, owenza yedwa imimangaliso.
19 Malibongwe negama lake eliyingcwa-
lisa kude kube ngunapakade; uti um-
hlaba wonke uzaliswe bubungcwalisa bake.
Amene, ewe Amene.

20 Imitandazo ka-Davide unyana ka-Jese
ipelile.

## ICULO LXXIII.

Iculo lika-Safa.

NGENNYANISO UTIXO uyenza ngoku-
lungileyo ko-Sirayeli, kwa kubo abankli-
ziyo zingcwele. 2 Kodwa mina, innyawo
zami zapantsi kupambuka; amanyatela ami
apantsi kutyibilika. 3 Ngokuba ndibe
ndinomona ngakubo abagezayo, ndaku-
bona ukwonwaba kwabakohlakeleyo. 4
Ngokuba kungeko 'zibambo ekufeni kwa-
bo; amandhla abo omelele. 5 Abasebu-
nzimeni boluntu; ababulawa njeng*abanye*
abantu. 6 Ngako iratshi liyabapahla nje-
ngomxokolelwane womqala; ubudhlwengu
buyabavatisa *njeng*engubo. 7 Amehlo abo
ayapuma ngokutyeba; bagqitisile nokuci-
nga kwenkliziyo. 8 Bayahleka, bayateta
ngokubi ngembandezelo; bayateta ngoqan-
qalazo. 9 Umlomo wabo bayawubekisa
ngakulo izulu, nolwimi lwabo luyahamba
emhlabeni. 10 Ngako abantu bake baya



University of Fort Hare
Together in Excellence

kubuyela apa, namanzi *endebe* izele ayahluzelwa kubo. 11 Bati ke: Uti nina ukwazi UTIXO? kuko ukwazi na kopezu kwonke?

12 Kangela, aba ngabakohlakeleyo; abanokwonwaba okufuti, bayandisa ubutyebi. 13 Ngennyaniso ndifumane ndacokisa inkliziyo yami; *ndifumane* ndahlamba izandhla zami kokungenatyala. 14 Ngokuba ndibulawa immini yonke, nokwohlwaywa kwami kungemiso ngemiso. 15 Ukuba bendiya kuti: Ndiya kuteta njalo; bona ke, ndinga ndisenza ngenkohliso kwisizukulwana sonyana bako. 16 Ndindakucinga ukuba ndikwazi oku, kwaba yinkohla emehlweni ami; 17 ndada ndangena endaweni eyingcwele KATIXO; *ndaza* ndaqonda isipelo sabo.

18 Ngennyaniso uyababeka emityibilizweni, uyabawisela ezintshabalalweni. 19 Hai ukucitakaliswa kwabo kamsinya ke! bagqityelwe kanye zizoyikiso. 20 Njengepupa uxa kuvukwayo, woti, NKOSI! wakuvuka, udele isanga sabo.

21 Kwa nje ke inkliziyo yami yakatazeka, ndahlatywa ezintsweni zami. 22 Bendidolile ngoko, ndingenakwazi; ndaba njengenkomo pambi kwako.

23 Sendinawe futi noko; u*ndi*bambile ngesandhla sami sokunene. 24 Uya kundikokela ngecebo lako, uti kamva undamkele ebungcwaliseni. 25 Ndinabanina ezulwini? nasemhlabeni andinqweneli luto ngapandhle kwako. 26 Kuyapela innyama yami nenkliziyo yami: *kodwa* UTIXO uliliwa lenkliziyo yami, nesabelwa sami kude kube ngunapakade. 27 Ngokuba, bona ke, abo bakude nawe baya kububa; uyabatshabalalisa bonke abo bemkayo kuwe ngombulo. 28 Kodwa mina, ukuba kufupi NOTIXO kulungile kumi; itemba lami ndilibekile ENKOSINI ENGUYEHOVA, ndize ndishumayele yonke imisebenzi yako.

ICULO LXXIV.

Elika-Safa, lokufundisa.

TIXO! kunganina ukuba usilahlile ngonapakade? *kunganina* ukuba ingqumbo yako iqume ngakuzo izimvu zesidhlelo sako? 2 Kumbula inklanganiso yako wabuyitenga kwa kudala, intonga yelifa lako wabuyikulula, kwa lentaba ye-Ziyone wabuhleli kuyo. 3 Pakamisela innyawo zako kuzo intshabalalo ezingunapakade, kwa konke olukucitileyo utshaba endaweni eyingcwele. 4 Intshaba zako ziyakonya pakati kwezindhlu zokuhlangana zako; ziyamisa imiqondiso yazo ibe yimiqondiso. 5 Kuyaziwa njengonyusayo amazembe eludadeni lwemiti. 6 Ngokuba kaloku zikanda iziqingqwa zayo ngezixenxe nangezando kwa kunye. 7 Indawo yako eyingcwele ziyilahlele emlilweni; inklalo yegama lako ziyincolisile kude kube semhlabeni. 8 Zite ezinkliziyweni zazo: Masibabulale kwa kunye. Zonke izindhlu zokuhlangana ZIKATIXO kulomhlaba zizitshisile. 9 Imiqondiso yetu asiyiboni; akuseko 'mprofite; kanjalo akuseko kuti okwaziyo ukuba kwoba kade kangakananina.

10 TIXO! umbandezeli wotuka kude kube ninina? utshaba lwogxeka igama lako kude kube ngunapakade na? 11 Yinina ukuba ubuyisele isandhla sako, kwa esokunene sako? *sirole* esifubeni sako, ugqibele. 12 Ngokuba UTIXO engukumkani wami kwa kudala, esebenza intsindiso pakati kwomhlaba. 13 Wena wahlula ulwandhle ngamandhla ako; waqekeza inkloko zengwenya emanzini. 14 Watyumza inkloko zeleviyatane, wayinika ibe kukudhla kwabantu basenklango. 15 Wacanda umtombo nomsinga wena; womisa imilambo emikulu wena. 16 Immini yeyako, ubusuku nabo bobako; ulungisile ukukanya nelanga. 17 Umisile yonke imida yomhlaba; udalile ihlobo nobusika.

18 Kumbula oku: utshaba lutukile, YEHOVA! nabantu abagezayo bagxekile igama lako. 19 Zunganikeli eramncweni ubomi behobe lako; umhlambi wamahlwempu ako zungawulibali ngonapakade. 20 Gqala ucebano; ngokuba indawo ezimnyama zomhlaba zizele zizindhlu zobudhlwengu. 21 Oncinezelweyo makangabuyi edanile; olihlwempu nosweleyo mabadumise igama lako. 22 Pakama, TIXO! upikele ityala lako: kumbula ukutukwa kwako ligeza imihla yonke. 23 Zungalibali ilizwi lentshaba zako: impitimpiti yabasukela ngakuwe ihlala isanda.

ICULO LXXV.

Libàlelwo umhlabeli omkulu, elokuti: Ungatshabalalisi; iculo lika-Safa, lokuvunywa.

SIYABULELA kuwe, TIXO! siyabulela; ngokuba kushunyayelwa yimimangaliso yako ukuba igama lako likufupi.



University of Fort Hare
Together in Excellence

2 Nxa ndizuza ixesha elimisiweyo,
ndiya kugweba ngokufanelekileyo. 3 Um-
hlaba nabemi bawo bonke banyibilikile;
ndiyaqinisa intsika zawo. Sela.
4 Ndati kwabagezayo: Musani uku-
geza; nakwabakohlakeleyo: Musani uku-
pakamisa upondo. 5 Musani ukupakami-
sela pezulu upondo lwenu, ningateti ngen-
tamo elukuni. 6 Ngokuba upakanyiswa
lungaveli apo lipuma ilanga, nalapo litsho-
na kona, lungaveli nasenkangweni. 7 Ngu-
tixo ongumgwebi: omnye uyamwisa, nom-
nye uyampakamisa. 8 Ngokuba kuko
indebe esandhleni sikaYehova; iveyine
ibomvu: izele yinto epitikeziweyo; uyatu-
lula kwa kuyo: koko inklenga zayo bonke
abakohlakeleyo bomhlaba baya kuzihluza,
bazisele.
9 Kodwa mina ndiya kushumayela kude
kube ngunapakade; ndiya kucula kuye
Utixo ka-Yakobi. 10 Kanjalo zonke impo-
ndo zabakohlakeleyo ndiya kuzinqumla;
*kodwa* impondo zolungileyo ziya kupaka-
nyiswa.

## ICULO LXXVI.

Libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngeneginoto: iculo lika-Safa, lokuvunywa.

UTIXO wazekile kwa-Juda; igama
lake likulu kwa-Sirayeli. 2 Kanjalo ita-
banakele yake ise-Saleme, nekaya lake li-
se-Ziyone. 3 Wapula apo intolo zesipeta,
ikaka, nerele, *nezixobo* zokulwa. Sela. 4
Uyingcwalisa wena! udumile ngapezu
kwentaba zamaxoba. 5 Abankliziyo zi-
namandhla bapangiwe, balele ubutongo
babo; akuko nannye kumadoda oburoti
efumene izandhla zayo. 6 Ngennxa yo-
kutetisa kwako, Tixo ka-Yakobi! kuwe-
lwe bubutongo obukulu innqwelo neha-
she.
7 Wena, kwa wena ungowoyikekayo;
ngubanina ongema ebusweni bako emveni-
kweni uqumbileyo? 8 Wavakalisa umgwe-
bo kwa sezulwini; umhlaba woyika, wati
cwaka, 9 nxa Utixo wavukela ekugwe-
beni, ukuza kusindisa bonke abalulamileyo
bomhlaba. Sela. 10 Ngennyaniso umsi-
ndo woluntu wodumisa wena; iliva lomsi-
ndo uya kulibamba. 11 Yenzani isiba-
mbiso, nisifeze kuYehova Utixo wenu:
bonke abamngqongayo mabazise umnikelo
kowoyikekayo. 12 Uya kunqamla um-
moya wazo inkosi: woyikekile kubo oku-
mkani bomhlaba.

## ICULO LXXVII.

Libàlelwe umhlabeli omkulu, u-Jedutune: iculo lika-Safa.

NDAKALA kuTixo ngelizwi lami, kwa
kuTixo ngelizwi lami, wandinika indhlebe
ke. 2 Ngemmini yobunzima bami nda-
funa Inkosi; isandhla sami solulwa ebusu-
ku, asayeka; umpefumlo wami wala uku-
tutuzelwa. 3 Ndakumbula Utixo, ndaba
nesitukutezi; ndacamanga, waza wacubuka
ummoya wami. Sela. 4 Ububamba in-
kope zamehlo ami; bendixalile, andateta
ke. 5 Ndakumbulela imihla yapambili,
iminyaka yakudala. 6 Ndakumbula uku-
cula kwami ebusuku; ndacamanga pakati
kwenkliziyo yami; wati ummoya wami
wapengulula. 7 Inkosi iya kulahla kude
kube ngunapakade na? ayisayi kubuya
abe nokubuka na? 8 Ububele bake
bunqamkile ngonapakade na? ilizwi *lake*
lipelile kwisizukulwana ngesizukulwana
na? 9 Utixo ulibele ukuba nofefe na?
uyivalele inceba yake ngomsindo na?
Sela.
10 Ndaza ndati: Bubulwelwe bami
oku! iminyaka yesandhla sokunene sopezu
kwonke, 11 izenzo zikaYehova ndoziku-
mbula; ngennyaniso ndokumbula imima-
ngaliso yako yakudala. 12 Ndandiya ku-
cinga konke ukwenza kwako, nditete nge-
misebenzi yako. 13 Indhlela yako, Tixo!
isendaweni eyingcwele: ngubanina ongu-
tixo omkulu njengaye Utixo? 14 Wena
unguTixo owenza okungummangaliso; ubo-
nakalisile amandhla ako pakati kwezizwe.
15 Ubakulule abantu bako ngengalo *yako*,
onyana baka-Yakobi nabaka-Josefe. Sela.
16 Amanzi ebekubona, Tixo! amanzi ebe-
kubona, ankwantya ke: ewe, inzulu zaza-
mazama. 17 Amafu agalela amanzi; isi-
bakabaka sakupa ilizwi; intolo zako nazo
zapumela. 18 Ilizwi lokududuma kwako
belisezulwini; imibane yabaneka ilizwe;
umhlaba wazamazama wangcangcazela. 19
Umendo wako ubuselwandhle; indhlela
yako ibisemanzini amakulu; imikondo
yako ayaziwa. 20 Wakokela abantu
bako njengegusha, ngesandhla sika-Mosesi
nesika-Arone.

## ICULO LXXVIII.

Elika-Safa, lokuqondisa.

BEKANI indhlebe, bantu bami! emte-
tweni wami: tobani indhlebe zenu ema-



University of Fort Hare
Together in Excellence

zwini omlomo wami. 2 Ndiya kuvula um-
lomo wami ngomzekeliso; ndiya kuxela
izintsonkotelo zakudala: 3 esizivileyo saza-
zi, nesizityelweyo ngobawo betu. 4 Asiyi
kuzisitelisa kubantwana babo, sishumayela
kwisizukulwana sasemva indumiso ZIKAYE-
HOVA, namandhla ake, nemimangaliso yake
ayenzileyo. 5 Ngokuba wamisa isinqino
kwa-Yakobi, wadala umteto kwa-Sirayeli,
owabayalela obawo betu ukuba bazazise
kubantwana babo; 6 ukuze sizazi isizuku-
lwana sasemva, abantwana abaza kuzalwa;
bavuke bazishumayele *na*kubantwana ba-
bo: 7 ukuba babeke pezu KWOTIXO itemba
labo, bangazilibali izenzo ZIKATIXO, kodwa
imiyalelo yake bayibambe; 8 bangabi
njengoyise babo, isizukulwana esinenkani
esingevayo; isizukulwana esingalungisa-
nga inkliziyo yaso, nesimmoya ungatanga
nqi KUTIXO.

9 Onyana baka-Frayime, betyeda betola
ngezipeta, bajika ngomva ngemmini yoku-
lwa. 10 Abagcina ucebano LUKATIXO, bala
nokuhamba emtetweni wake; 11 balibala
nemisebenzi yake, nemimangaliso yake
abebabonisile yona.

12 Wenza okungummangaliso pambi
kwoyise babo, elizweni le-Jipete, ezindhle
zase-Tsohane. 13 Wacanda ulwandhle,
wabaweza ke; wawamisa amanzi njengem-
fumba. 14 Emmini wabakokela ngelifu,
nasebusuku bonke ngokukanya kwomlilo.
15 Wacanda amatyekazi enklango, waba-
seza njengasezinzulwini ngokukolisa. 16
Wavelisa izelo eweni, wahlisela pantsi
amanzi njengemilambo. 17 Kanti bongeza
kanjako ukwona ngakuye, ngokuvukela
opezu kwonke ebugxwayibeni. 18 Balinga
UTIXO enkliziyweni yabo, ngokucelela um-
xèlo wabo ukudhla. 19 Ewe, bateta nga-
kuye UTIXO; bati: UTIXO angalungisa isi-
tebe enklango na? 20 Kangela, wabeta
ilityekazi, aza ampompoza amanzi, yati
imisinga yakukula; anganika nesonka na?
angabekela abantu bake innyama na? 21
Wati ngoko UYEHOVA weva, waqumba:
waza umlilo wapenjelwa ngakuye u-Yako-
bi, nomsindo wavuka ngaku-Sirayeli; 22
ngokokuba bengakolwanga KUTIXO, nokuba
bengatembanga ekusindiseni kwake; 23
nangona wayalela amafu pezulu, wavula
ingcango zezulu, 24 wanisa imana pezu
kwabo badhle, wabanika innqolowa yezulu.
25 Badhla abanye ngabanye ukutya kwa-
bazinkosi; wabatumela ukutya kwada
kwahlutiswa. 26 Wapumisela ezulwini
ummoya wasempumalanga, wazisa nga-
mandhla ake ummoya wasesuyide. 27
Wanisa nennyama pezu kwabo njengotuli,
nentaka ezinamapiko njengenklabati yo-
lwandhle; 28 wayiwisa pakati kwom-
nquba wabo, ngento engqongayo intente
zabo. 29 Baza badhla, bahluta kanye;
ngokuba wabanika inkanuko yabo.

30 Bebengekahlukani nenkanuko yabo,
ukutya kwabo bekusesemlonyeni wabo,
31 nxa umsindo KATIXO wavuka ngakubo,
wabulala pakati kwabatyebileyo babo, wa-
wisa pantsi abanyuliweyo bakwa-Sirayeli.
32 Kanti bamana ukwona noko; abako-
lwanga nayimimangaliso yake. 33 Ngako
wapelisa imihla yabo kokungendawo, ne-
minyaka yabo ekutusweni. 34 Bati aku-
babulala, bandula ukumfuna; babuya ba-
buza UTIXO ngokukuteleyo. 35 Bakumbula
ukuba UTIXO ulilityekazi labo, nokuba U-
TIXO opezu kwonke ungumkululi wabo.
36 Bamhanahanisa ngomlomo wabo noko,
bamxokisa ngelwimi zabo. 37 Ngokuba
inkliziyo yabo ibingalunganga ngakuye,
babengaqinanga nokuqina kulo ucebano
lwake. 38 Kodwa yena, enenceba nje,
waxolela inkohlakalo *yabo*, aka*ba*tshabala-
lisa: kwa futi wabuyisa ingqumbo yake,
engavusanga wonke umsindo wake ka-
njalo. 39 Ngokuba ebekumbula ukuba
bayinnyama; ummoya omkayo, ungabuyi
uze.

40 Bekufuti kangakanana bamvukelayo
enklango, bamcapukisa ebugxwayibeni!
41 Ewe, babuya balinga UTIXO; bammisela
oyingcwele ka-Sirayeli umda. 42 Abaku-
mbula isandhla sake, umhla okuya waba-
kululayo elutshabeni: 43 okuya wamisa
imiqondiso yake e-Jipete, nemimangaliso
yake ezindhle zase-Tsohane, 44 waguqula
imilambo yabo ibe ligazi, nezelo zabo,
bada bakohlwa 'kusela. 45 Watuma izi-
bau pakati kwabo, ezazibadhla; namasele,
abebatshabalalisa. 46 Wanika ukucuma
kwabo kuruxeshe, nenzuzo yabo kwinku-
mbi. 47 Wabulala imiti yeveyine yabo
ngesicoto, nemikiwane yabo ngengqele.
48 Wanikela esicotweni inkomo zabo,
nemihlambi yabo emibaneni. 49 Waposa
pezu kwabo ubushushu bengqumbo yake,
umsindo, noburala, nobunzima, ngokutuma
izitunywa zobubi. 50 Walungisa ingqu-
mbo yake indhlela; akabamba umpefumlo
wabo ekufeni, wanikela embubisweni ubo-



University of Fort Hare

mi babo. 51 Wabeta bonke abamazibulo
e-Jipete, abakuqala kwamandhla ezinte-
nteni zakwa-Hame. 52 Kodwa abantu bake
wabapumisela njengegusha, wabakokela
enklango njengomhlambi. 53 Wabakapa
ngokugcinekayo, bengoyikanga; kanti
intshaba zabo ulwandhle lwazigubungela.
54 Wabazisa emdeni wake oyingcwele,
kulentaba eyabizuzwa sisandhla sake so-
kunene. 55 Waza wagxota abaheyideni
pambi kwabo, wababela ilifa ngentambo,
wahlalisa izizwe zo-Sirayeli ezintenteni
zazo.

56 Kanti balinga bavukela UTIXO opezu
kwonke, bengagcinanga izinqinelo zake;
57 bahlehla, benza ngobuxoki njengoyise
babo: bajikajika njengesipeta esikohlisayo.
58 Bamqumbisa ngendawo zabo ezipaka-
mileyo, bamvusela ikwele ngemifanekiso
yabo eqingqiweyo. 59 Wati UTIXO akuva,
waqumba, wadela o-Sirayeli kakulu; 60
wada walahla itabanakele yase-Shilo, inte-
nto wabeyimisa pakati kwabantu; 61 wa-
nika amandhla ake ekutinjweni, nobu-
ngcwalisa bake esandhleni sotshaba. 62
Wabanikela esireleni abantu bake, waqu-
mbela ilifa lake. 63 Umlilo wadhla ama-
dodana abo; nentombi zabo bezingadu-
nyiswa *emitshatweni*. 64 Abaperisite babo
bawa ngesirele; nabahlolokazi babo be-
bengalili.

65 Yaza INKOSI yavuka njengobelele ubu-
tongo, njengeroti elidandulukayo ngennxa
yeveyine. 66 Yabetela ngomva intshaba
zayo; yazenza isigxekwa esingunapakade.
67 Kanjako yala intente ka-Josefe; nesi-
zwe sika-Frayime ayasiqasha; 68 yaqasha
isizwe sika-Juda, intaba ye-Ziyone eyayi-
tandayo. 69 Yaka indawo yayo eyin-
gcwele njengendawo ezinde, njengomhla-
ba iwusekeleyo kude kube ngunapakade.
70 Yaqasha no-Davide isicaka sayo, yam-
susa ezibayeni zegusha; 71 yamvelisa
ekulandeleni igushakazi ezanyisayo, aze
apate o-Yakobi abantu bayo, no-Sirayeli
ilifa layo. 72 Waza wabapata ngobu-
nene benkliziyo yake, wabakapa ngobu-
lumko bezandhla zake.

## ICULO LXXIX.

Iculo lika-Safa.

TIXO! abaheyideni bangene elifeni la-
ko; itempile yako eyingcwele bayincoli-
sile; benze i-Yerusaleme ibe zimfumba.
2 Izidumbu zezicaka zako bazinikile zibe
kukudhla kwintaka zezulu, innyama ya-
bangcwele bako kwizilo zomhlaba. 3 Igazi
labo balipalazile njengamanzi ngento
engqongayo i-Yerusaleme, kungabangako
onewabayo. 4 Sesisisigxekwa tina kubo
abamelwane betu, isihlekwa nesigculelwa
kubo abasingqongayo.

5 Kude kube ninina, YEHOVA? uya
kuqumba kude kube ngunapakade na?
ubukwele bako buya kutsha njengomlilo
na? 6 Galela umsindo wako pezu kwaba-
heyideni abangakwazanga, napezu kwobu-
kumkani obungabizanga egameni lako:
7 ngokuba bemdhlile u-Yakobi, nekaya
lake belicitakalisile. 8 Zungakumbuli
ngakuti inkohlakalo zangapambili; innce-
ba zako mazisipangele kamsinya; ngo-
kuba sitotyelwe pantsi kakulu. 9 Sincede,
TIXO wosindiswa lwetu! ngennxa yobu-
ngcwalisa begama lako: uze usikulule,
uxolele izono zetu, ngennxa yegama lako.
10 Kungani na ukuba abaheyideni bati:
UTIXO wabo upina? Makwaziwe pakati
kwabaheyideni emehlweni etu ukupinde-
zelelwa kwegazi lezicaka zako elipalazi-
weyo. 11 Ukugula kwombanjwa makuze
ebusweni bako: njengokwobukulu bama-
ndhla ako balondoloze abo bamiselwe uku-
fa; 12 ubuyisele kubamelwane betu kasi-
xenxe esifubeni sabo isigxeko sabo, eso
bakugxekile ngaso, NKOSI!

13 Kukona tina 'bantu bako nezimvu
zesidhlelo sako siya kubulela kuwe kude
kube ngunapakade: soshumayela udumo
lwako kwisizukulwana ngesizukulwana.

## ICULO LXXX.

Iculo lika-Safa, libalelwe umhlabeli omkulu owenza
ngeshoshanime-edute.

NIKA indhlebe, Malusi wo-Sirayeli!
wena ukokelayo o-Josefe njengegusha;
wena uhleliyo pakati kwekerubime, kazi-
mla. 2 Pambi kwo-Frayime no-Benjamine
no-Manase vusa amandhla ako, uze kusi-
sindisa. 3 Sibuyise, TIXO! ukanyise ubuso
bako; kukona siya kusindiswa.

4 YEHOVA, TIXO wemikosi! uya kuqumba
kude kube ninina ngakuwo umtandazo
wabantu bako? 5 Uyabadhlisa isonka
sennyembezi; uyabaseza innyembezi ngo-
buninzi. 6 Uyasenza impikisano kubo
abamelwane betu; intshaba zetu ziyahleka
pakati kwazo. 7 Sibuyise, TIXO wemi-



University of Fort Hare
Together in Excellence

kosi! ukanyise ubuso bako; kukona siya
kusindiswa.
8 Wabufudusa umti weveyine e-Jipete;
wagxota abaheyideni, wawutyala: 9 wa-
lungiselela pambi kwawo, wawendelisa
ingcambo zawo, wada wazalisa umhlaba.
10 Intaba zagujungelwa ngomtunzi wawo,
nesedare ZIKATIXO ngamasebe awo. 11
Wanabisa amagatya awo kwada kwaselwa-
ndhle, namahlumelo awo kwada kwasemla-
njeni. 12 Kunganina ukuba uzicitile inta-
ngo zawo, bade bawuke bonke abadhlula
ngendhlela? 13 Ingulube yasehlatini iya-
wubuqa, nesilo sasendhle siyawudhla.
14 TIXO wemikosi! mauke ubuye; ka-
ngela pantsi ezulwini, ubone, unonelele
lomti weveyine; 15 nesityalo esasityalwa
sisandhla sako sokunene, nesebe wabuzo-
melezela lona. 16 Utshisiwe ngomlilo,
ugauliwe: bayatshabalala ngokutetisa
kwobuso bako. 17 Isandhla sako masibe
pezu kwendoda yesokunene sako, pezu
kwonyana woluntu wabuzomelezela yena.
18 Kukona singayi kuhlehla kuwe: si-
pilise, sasiya kubiza egameni lako. 19
Sibuyiso, YEHOVA, TIXO wemikosi! kanyisa
ubuso bako; kukona siya kusindiswa.

## ICULO LXXXI.

**Elika-Safa, libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngegitite.**

GCOBANI KUTIXO amandhla etu: da-
ndulukani ngovuyo KUTIXO ka-Yakobi. 2
Pakamisani ngeculo, betani intambula,
ikinore emnandi kunye nenebele. 3 Vu-
telani ngexilongo ekutwaseni kwennya-
nga; *na*sekuhlangananeni kwayo, ngem-
mini yomtendeleko wetu.
4 Ngokuba lo ungummiso ku-Sirayeli,
isiko LOTIXO ka-Yakobi. 5 Wawumisela
kwa-Josefe ube sisinqìnelo, okuya wapu-
mela pezu kwelizwe le-Jipete; *apo* ndeva
inteto endingayiqondanga. 6 Ndasusa
igxalaba lake emtwalweni; zemka iza-
ndhla zake ezimbizeni. 7 Wakala ebunzi-
meni, ndakukulula ke; ndakupendula em-
fihlelweni yodudumo; ndakulinga ngase-
manzini e-Meriba. Sela.
8 Yivani, bantu bami! ndoninqìnela:
Sirayeli! ukuba uya kundipulapula, 9
akuyi kubako 'tixo wasemzini kuwe; ka-
njalo wena akuyi kutoba pambi kwotixo
ongaziwayo. 10 Mina ndiNGUYEHOVA, U-
TIXO wako, obekunyusa ezweni le-Jipete;
yakamisa umlomo wako, ndowuzalisa.
11 Kuloko abantu bami bengevanga ilizwi
lami; u-Sirayeli akandivumanga. 12 Nda-
za ndabayekelela ebulukunini benkliziyo
zabo; bahamba ngawabo amacebo.
13 Akwaba abantu bami babendipula-
pula, wati u-Sirayeli wahamba ngezami
indhlela! 14 Ngendiba nditobisile in-
tshaba zabo kamsinyane, ndabuyisela pezu
kwabayimpi kubo isandhla sami. 15 Abo
batiya UYEHOVA ngebese bezenzisile kuye:
kanti elabo ixesha beliya kubako kude
kube ngunapakade. 16 Ebeya kubadhlisa
kwinnqolowa etyebileyo; nangobusi bu-
vela eweni bendiya kukukolisa.

## ICULO LXXXII.

**Iculo lika-Safa.**

UTIXO umi enklanganisweni KATIXO;
uyagweba pakati kwabo otixo. 2 Kwoba
kade kangakananina niya kugweba ngo-
bumenemene, nobuso babakohlakeleyo ni-
bubuke? Sela. 3 Lungisani ihlwempu
nenkedama; gwebelani obandezelweyo no-
sweleyo. 4 Kululani ihlwempu noswe-
leyo; *ba*hlanguleni esandhleni sabakohla-
keleyo.
5 Abazi, kanjalo abayi kuqonda; baya-
hamba ebumnyameni: zonke izisekelo
zomhlaba ziyazamazama. 6 Ndite: Ni-
ngotixo; nonke nilusapo lwopezu kwonke.
7 Kodwa niya kufa njengabantu; nowa
njengennye yasezinkosini.
8 Vuka, TIXO! gweba umhlaba; ngo-
kuba wena ufuya zonke izizwe.

## ICULO LXXXIII.

**Iculo lika-Safa, lokuvunywa.**

TIXO! zungabi nakupumla; zungati
ewaka, zungati tu, TIXO! 2 Ngokuba,
kangela, intshaba zako zisenza impitimpiti;
nabakutiyayo bepakamisile inkloko. 3
Bacebisene ngobuqinga ngakubo abantu
bako, baqingene ngakubo abafihliweyo
bako. 4 Bate: Yizani sibati shwaqe
bangabi sisizwe; lize igama lo-Sirayeli li-
ngabi sakunjulwa. 5 Ngokuba becebisene
ngenkliziyo 'nnye; benzile ucebano nga-
kuwe: 6 intente zase-Edome, nama-Shi-
mayeli; ama-Mowabi, nama-Hagare; 7
aba-Gebale, naba-Hamoni, nama-Amaleki;
ama-Filistiya, kunye nabemi base-Tire: 8
ama-Asiriya nawo azibandakanyile nabo;
aba yingalo kulo usapo luka-Lote. Sela.
9 Yenza kubo njengokwama-Midiyane;
njengokuka-Sisera, njengokuka-Yabine,



University of Fort Hare
Together in Excellence

emlanjeni we-Kishone; 10 ababujiswa e-Hene-dore, baba njengomgquba womhlaba. 11 Yenza inkosi zabo njengo-Worebe nanjengo-Zibe; nazo zonke inkosana zabo njengo-Zeba nanjengo-Tsalemuna; 12 abati: Masizibambe izindhlu ZIKATIXO zibe zezetu. 13 Tixo! benze babe njengentenda; njengomququ pambi kwommoya. 14 Njengokuba umlilo utshisa ihlati, nanjengokuba ilangatye livutisa intaba, 15 kwa njalo bazingele ngoqwitela lwako; ubatuse ngesaqwiti sako. 16 Zalisa ubuso babo ngedano; izo bafune igama lako, Yehova! 17 Mabadaniswe batuswe kude kube ngunapakade; ewe, mabaviswe ihlazo, batshabalale: 18 kuze kwaziwe ukuba wena, onegama eliNGUYEHOVA wedwa, ungopezu kwonke pezu kwomhlaba wonke.

## ICULO LXXXIV.

Libàlelwe umhlabeli omkulu owenza ngegitite: iculo lonyana baka-Kora.

HAI ukutandeka kwetabanakele zako, Yehova wemikosi! 2 Umpefumlo wami uyalangazelela, ewe, uyapelela nokupelela amakusi KAYEHOVA; inkliziyo yami nennyama yami zimana zililela KUTIXO ohleliyo. 3 Kwa ihobohobo lifumene indhlu, nenkonjane *izifumane*le indawo, apo ibeka kona amatole ayo,—izibingelo zako, Yehova wemikosi, Kumkani wami NOTIXO wami! 4 Hai itamsanqa labo bahleli endhlwini yako! bomana bekudumisa. Sela. 5 Hai itamsanqa lomntu omandhla akuwe; *nelabo* indhlela zisezinkliziyweni zabo! 6 Bedhlula emhlanjeni we-Baka nje bayawenza umtombo; imvula iyazalisa namacibi. 7 Bayahamba kwamandhla ngamandhla, *bade* babonakale *abanye ngabanye* pambi KWOTIXO e-Ziyone. 8 Yehova, Tixo wemikosi! pulapula umtandazo wami; nika indhlebe, Tixo ka-Yakobi! Sela. 9 Bona, Tixo, kaka letu! ukangele ubuso bomtanjiswa wako. 10 Ngokuba immini 'nnye emakusini ako igqitisa iwaka ngokulunga: nditanda ukulinda emnyango endhlwini KATIXO wami, pezu kwokokuba ndihlale pakati ezintenteni zenkohlakalo. 11 Ngokuba UYEHOVA UTIXO elilanga nekaka; UYEHOVA uya kupa ufefe nobungcwalisa; akayi kubavimba 'nto ilungileyo abo bahamba ngokulungisayo. 12 Yehova wemikosi! hai itamsanqa lomntu otembela kuwe.

## ICULO LXXXV.

Libàlelwe umhlabeli omkulu: iculo lonyana baka-Kora.

YEHOVA! ulibukile ilizwe lako; ubuyisile ukutinjwa kuka-Yakobi. 2 Uxolele inkohlakalo yabantu bako; uselele sonke isono sabo. Sela. 3 Ususile wonke umsindo wako; uguqukile ebushushwini bengqumbo yako.

4 Sibuyise, Tixo wosindiswa lwetu! upelise ingqumbo yako ngakuti. 5 Uya kusiqumbela kude kube ngunapakade na? uya kwolulisa ingqumbo yako kude kube kwisizukulwana ngesizukulwana na? 6 Akuyi kubuya usipilise na, baze abantu bako bavuye ngawe? 7 Sibonise ububele bako, Yehova! usipe usindiso lwako.

8 Ndova into aya kuyiteta UTIXO UYEHOVA: ngokuba eya kuteta uxolo ebantwini bake, nasebangcweleni bake; kodwa mabangabuyeli ebudengeni. 9 Ngennyaniso usindiso lwake lukufupi nabamoyikayo; buze ubungcwalisa buhlale ezweni letu. 10 Kuhlangene ububele nennyaniso, kwangene ubulungisa noxolo. 11 Innyaniso iya kuhluma emhlabeni; buti ubulungisa bukangele pantsi kwa sezulwini. 12 Ewe, UYEHOVA uya kupa oko kulungileyo; nomhlaba wetu uya kunikela ukucuma kwawo. 13 Ubulungisa buya kuhamba pambi kwake, bu*si*beke endhleleni yomkondo wake.

## ICULO LXXXVI.

Umtandazo ka-Davide.

TOBA indhlebe yako, Yehova! undive; ngokuba ndilihlwempu, ndingosweleyo mina. 2 Gcina umpefumlo wami; ngokuba ndiyingcwele: Tixo wami! sindisa isicaka sako esitembela kuwe. 3 Yiba nofefe kumi, Nkosi! ngokuba ndibizela kuwe immini yonke. 4 Vuyisa umpefumlo wesicaka sako; ngokuba ndifunqulela kuwe umpefumlo wami. 5 Ngokuba wena, Nkosi! ulungile, unokuxolela; unobubele obuninzi kubo bonke ababizela kuwe.

6 Yehova! nika indhlebe emtandazweni wami; upulapule ilizwi lezikungo zami. 7 Ngemmini yobunzima bami ndobizela kuwe; ngokuba uya kundipendula. 8 Pakati kwotixo akuko onjengawe, Nkosi! akuko nefana nemisebenzi yako. 9 Zonke izizwe ozenzileyo zoza zibodeshe pambi kwako, Nkosi! zidumise igama lako.



University of Fort Hare
Together in Excellence

10 Ngokuba wena umkulu, uyenza imima-
ngaliso ; UNGUTIXO wedwa.
11 Ndifundise indhlela yako, YEHOVA !
ndiya kuhamba ennyanisweni yako ; yenza
'mye inkliziyo yami ukwoyika igama lako.
12 Ndobulela kuwe, NKOSI, TIXO wami !
ngenkliziyo yami yonke ; ndiya kudumisa
igama lako kude kube ngunapakade. 13
Ngokuba ububele bako bukulu ngakumi ;
uwuhlangule umpefumlo wami ehadesi
engapantsi kanye.
14 TIXO ! abaneratshi basukele ngakumi,
nenklanganiso yababandezeli ifunile umpe-
fumlo wami : abakubekanga pambi kwabo.
15 Kodwa wena, NKOSI ! UNGUTIXO onen-
nceba nofefe, uqumba kade, unobuninzi bo-
bubele nennyaniso. 16 Beka kumi, undi-
pate ngofefe ; nika isicaka sako amandhla
ako, usindise unyana wesicakakazi sako.
17 Maundenzele umqondiso wokulungile-
yo, baze abo banditiyayo babone, badane ;
ngokuba wena, YEHOVA ! undincedile, wa-
ndonwabisa.

## ICULO LXXXVII.

Iculo lokuvunywa lonyana baka-Kora.

UKUSEKA kwake kusezintabeni ezi-
ngcwele. 2 UYEHOVA uyatanda amasango
e-Ziyone ugapezu kwazo zonke intente
zakwa-Yakobi. 3 Kuyatetwa into zobu-
ngcwalisa ngawe, wena 'sixeko SIKATIXO.
Sela.
4 Ndiya kukankanya i-Rahabi ne-Babi-
lone kwabandaziyo : kangela i-Filistiya,
ne-Tire, ne-Kushe ; lo*mntu* wazalelwa kona.
5 Nangayo i-Ziyone kuya kutiwa : Lomntu
nalowo babezalelwe kuyo : waye opezu
kwonke eya kuyiqinisa ngokwake. 6 U-
YEHOVA uya kubala, akubàla abantu, *ngo-
kuti :* Lo*mntu* wazalelwa kona. Sela. 7
*Kwabako* kwa nabavumi nabaculisi, *besiti :*
Yonke imitombo yami ikuwe.

## ICULO LXXXVIII.

Iculo lokuvunywa lonyana baka-Kora, lihlalelwe umhlabeli omkulu owenza ngemahalate, lokuhlabelelana, lokuqondisa, lika-Hemani um-Ezera.

YEHOVA, TIXO wosindiswa lwami ! em-
mini *na*sebusuku ndiyakala pambi kwako.
2 Umtandazo wami mauze ebusweni bako ;
toba indhlebe yako ngasekulileni kwami :
3 ngokuba umpefumlo wami uzele zin-
tsizi, nobomi bami busondele ehadesi. 4
Ndiyabalwa ndawonye nabo behlela esiho-
gweni ; ndinjengendoda engenamandhla :
5 ndikululekile pakati kwabafileyo, nje-
ngababuleweyo abalele encwabeni, ongasa-
bakumbuli wena ; abanqanyulwe bona esa-
ndhleni sako. 6 Undibekile esihogweni
esingapantsi kanye, ezindaweni ezimnya-
ma, ezinzulwini. 7 Umsindo wako unzima
pezu kwami ; *undi*bandezele ngawo onke
amaza ako. Sela. 8 Abo bazana nami
ubakwelelisile kude kumi ; undenzile into
etiyekileyo kubo ; ndivalelwe, ndingena-
kupuma. 9 Iliso lami liyapela ngennxa
yembandezelo ; ndibizele kuwe, YEHOVA !
ngemihla yonke ; ndolule izandhla zami
ngakuwe.
10 Uya kwenza imimangaliso kwabafi-
leyo na ? abafileyo bovuka bakudumise na ?
Sela. 11 Ububele bako buya kushunya-
yelwa encwabeni na ? nennyaniseko yako
ekutshabalaleni na ? 12 Imimangaliso
yako iya kwaziwa ebumnyameni na ? no-
bulungisa bako ezweni lokulibala na ? 13
Kodwa ndiyakala kuwe, YEHOVA ! nakusasa
umtandazo wami wokupangela.
14 YEHOVA ! yinina ukuba ulahle umpe-
fumlo wami ? *yinina* ukuba undifihlele
ubuso bako ? 15 Ndingobandezelweyo
nohlalel' ukuqauka kwa sebutsheni *bami ;*
nditwêle 'izituso zako *ndide* ndimatiswe.
16 Imisindo yako idhlule pezu kwami ;
izoyikiso zako zindinqamlile. 17 Zandi-
ngqonga njengamanzi imihla yonke ; za-
ndiraula kunye. 18 Umtandi nomhlobo
ubakwelelisile kude kumi ; abazane bami
basebumnyameni.

## ICULO LXXXIX.

Elokuqondisa lika-Etane um-Ezera.

NDOVUMA ngazo izibele ZIKAYEHOVA
kude kube ngunapakade : ngomlomo wami
ndiya kwazisa innyaniseko yako kwisi-
zukulwana ngesizukulwana. 2 Ngokuba
ndite : Ububele buya kwakiwa kude kube
ngunapakade ; innyaniseko yako uya ku-
yiqinisa kwa kuwo amazulu. 3 Ndenzile
ucebano nomqashwa wami, ndifungile ku-
Davide isicaka sami : 4 Inzalo yako ndo-
yimisa kude kube ngunapakade, ndake
iterone yako kwisizukulwana ngesizuku-
lwana. Sela.
5 Ewe, amazulu aya kudumisa imima-
ngaliso yako, YEHOVA ! innyaniseko yako
nayo enklanganisweni yabazingcwele. 6
Ngokuba ngubanina ezulwini ongalingani-
swa NOYEHOVA ? *ngubanina* pakati kwonyana
babakulu ofana NOYEHOVA ? 7 UTIXO



University of Fort Hare
Together in Excellence

ulungel' ukwoyikwa kakulu esihlelweni
sabazingcwele ; woyikekile pezu kwabo
bonke abamngqongayo. 8 YEHOVA, TIXO
wemikosi! ngubanina ONGUYEHOVA onama-
ndhla njengawe? kanjalo innyaniseko yako
iyakungqonga. 9 Upete ngobukosi iratshi
lolwandhle; nxa apakamayo amaza alo
uyawati tu. 10 Utyumzile i-Rahabi nje-
ngohlatyiweyo; uzicitile intshaba zako
ngengalo yako enamandhla. 11 Amazulu
ngawako, umhlaba nawo ngowako; ilizwe,
nokuzala kwalo, uzisekele wena. 12 I-
node nesuyide uzidalile; i-Tabore ne-He-
remone ziya kugcoba ngegama lako. 13
Unengalo enokwomelela; sinamandhla isa-
ndhla sako, sipakamile esokunene sako.
14 Ubulungisa nobugwebo bungumsekelo
weterone yako; kwohamba ububele nen-
nyaniso pambi kwobuso bako.

15 Hai itamsanqa labantu abayaziyo
inklokoma yovuyo; bohamba ekukanyeni
kwobuso bako, YEHOVA! 16 Ngegama
lako bovuyelela immini yonke; nangobu-
lungisa bako baya kupakanyiswa. 17
Ngokuba wena ububungcwalisa bamandhla
abo; nangembuko yako upondo lwetu luya
kupakanyiswa. 18 Ngokuba ikaka letu
leLIKAYEHOVA; nokumkani wetu ngowo-
yingcwele ka-Sirayeli.

19 Oko wabuteta embonisweni ngoyin-
gcwele yako, wati: Ndibekile uncedo
pezu kwonamandhla; ndipakamisile oqa-
shiweyo ebantwini. 20 Ndimfumene u-
Davide isicaka sami; ndimtambisile ngeoli
yami engcwele: 21 esiya kuti isandhla
sami sibe naye ngokuqinileyo: ewe, ingalo
yami iya kumomeleza. 22 Utshaba aluyi
kumfundekela, nonyana wenkohlakalo a-
kayi kumbandezela. 23 Ndandiya kucita
ebusweni bake abo bayimpi kuye; nabo
bamtiyayo ndobabeta. 24 Kodwa kwoba-
ko naye innyaniseko yami nobubele bami;
nangegama lami upondo lwake luya kupa-
kanyiswa. 25 Ndandiya kubeka isandhla
sake elwandhle, nesokunene sake emila-
njeni. 26 Yena uya kubiza kumi *ngokuti:*
Ungubawo wami wena, UTIXO wami, neli-
tyekazi losindiswa lwami. 27 Nami ndiya
kumenza owamazibulo, opezulu kubo oku-
mkani bomhlaba. 28 Ububele bami ndiya
kumgcinela bona kude kube ngunapakade;
nocebano lwami lwohlala luqinile kuye.
29 Kanjalo ndiya kumisa inzalo yake kude
kube ngunapakade, neterone yake njenge-
mihla yezulu. 30 Xeshekweni abantwana
bake bawushiyayo umteto wami, bangaha-
mbi ezigwetyweni zami; 31 xeshekweni ba-
tshitshisa izimiselo zami, bangagcini imi-
yalelo yami; 32 ndiya kwandula ndohlwa-
ye izigqito zabo ngentonga, nenkohlakalo
yabo ngemivimbo. 33 Kodwa ububele
bami andiyi kubuhluta kuye; nennyani-
seko yami andiyi kuyenza ixoke. 34 A-
ndiyi kutshitshisa ucebano lwami; nento
epumileyo emlonyeni wami andiyi kuyigu-
qula. 35 Ndifungile kwa kanye ubu-
ngcwele bami, ukuba andiyi kuxokisa u-
Davide. 36 Inzalo yake yobako kude
kube ngunapakade, neterone yake njenge-
langa pambi kwami. 37 Iya kuqiniswa ku-
de kube ngunapakade njengennyanga, na-
*njeng*enqina elinyanisekileyo ezulwini. Sela.

38 Kodwa wena ulahlile, wadela; ubu-
qumbele umtanjiswa wako. 39 Ulutiyile
ucebano lwesicaka sako; uncolisile isitsaba
saso kude kube semhlabeni. 40 Uzicitile
zonke intango zaso; innqaba zaso uzenzile
intshabalalo. 41 Bonke abadhlula ngen-
dhlela bayasipanga; sisisigxekwa kubo
abamelwane baso. 42 Upakamisile isa-
ndhla sokunene sabayimpi kuso; uzivuyi-
sile zonke intshaba zaso. 43 Ewe, utu-
ntuzile uhlangoti lwerele laso; akusimisa-
nga ekulweni. 44 Upelisile inkazimlo
yaso; neterone yaso uyiwisele emhlabeni.
45 Imihla yobutsha baso uyincipisile;
usigubungele ngedano. Sela.

46 Kude kube ninina, YEHOVA? uya
kuzifihla kude kube ngunapakade na?
umsindo wako uya kutsha njengomlilo na?
47 Kumbula ixesha lami ukuba lingakana-
nina! Kunganina ukuba ufumane wenza
bonke abantu? 48 Nguwupina umntu
ohleliyo ongayi kubona ukufa? uya kusi-
ndisa umpefumlo wake esandhleni senewa-
ba na? Sela. 49 NKOSI! zipina izibele
zako zangapambili, owabuzifungela u-Da-
vide ennyanisekweni yako? 50 Kumbula,
NKOSI! ukutukwa kwezicaka zako; *ukuba*
ndikutwele esifubeni sami konke *ukutuka*
kwabantu abaninzi; 51 oko intshaba zako
zitukile ngako, YEHOVA! oko zitukile
ngako imikondo yomtanjiswa wako.

52 Makabongwe UYEHOVA kude kube
ngunapakade. Amene, ewe Amene.

## ICULO XC.

*Umtandazo ka-Mosesi, indoda ka-Tixo.*

NKOSI! ubulikaya letu ngesizukulwa-
na ngesizukulwana. 2 Okuya bezingcka-



University of Fort Hare
Together in Excellence

zalwa intaba, nxa ubungadalanga umhlaba
nelizwe, kwa kunapakade kude kube ngu-
napakade, wena UNGUTIXO.
3 Uyamguqulela entshabalalweni umntu;
uti: Buyelani, bonyana babantu! 4 Ngo-
kuba ebusweni bako iwaka leminyaka inje-
ngemmini yezolo nxa igqitileyo, na*njenge*-
varasho ebusuku. 5 Uyabakukulisa; ba-
*njengo*butongo: ngokusa banjengennca e-
buyayo. 6 Ngokusa iyahluma, ibuye;
ngokuhlwa iyasikwa, ibune.
7 Ngokuba sigqitywa ngengqumbo yako,
situswa nangomsindo wako. 8 Izikohla-
kalo zetu uzibekile pambi kwako; *izono*
zetu ezifihlakeleyo *uzibekile* ekukanyeni
kwobuso bako. 9 Ngokuba yonke imihla
yetu idhlula emsindweni wako; siyagqiba
iminyaka yetu njengesicamango. 10 Imi-
hla yeminyaka yetu yiminyaka emashumi
asixenxe; nanxa iti ngennxa yokwomelela
ibe yiminyaka emashumi asibozo, amandhla
ayo abubunzima nobubi noko; ngokuba
inqanyulwa kamsinya, size sibaleke. 11
Ngubanina owazi amandhla engqumbo
yako, nanjengokwoyikeka kwako umsindo
wako?
12 Sazise sibale imihla yetu, ngendawo
yokuba sizuze inkliziyo yobulumko. 13
Buya, YEHOVA! kwoba kade kangakana-
nina? uze ube nosizi pezu kwezicaka zako.
14 Sikolise kusasa ngobubele bako, ize si-
gcobe sivuye yonke imihla yetu. 15 Si-
vuyise njengokwemihla wabusibandezela
*ngayo, njengokw*eminyaka sabesibona ububi
*ngayo.* 16 Makubonakale izenzo zako ezi-
cakeni zako, nobungcwalisa bako kuba-
ntwana bazo. 17 Mabuti ubuhle BUKAYE-
HOVA, UTIXO wetu, bube pezu kwetu: nom-
sebenzi wezandhla zetu uwuqinise pezu
kwetu; ewe, umsebenzi wezandhla zetu
uwuqinise.

## ICULO XCI.

OMIYO emfihlelweni yopezu kwonke,
uya kuhlala emtunzini wonamandhla onke.
2 Sendiya kuti NGOYEHOVA: Yindawo yami
yokupepela, nenqaba yami; NGUTIXO
wami; ndiya kutembela kuye.
3 Ngennyaniso wokuhlangula esigwini
somtiyeli wentaka, *na*sesifeni esibubisayo
kakulu. 4 Wokugubungela ngentsiba
zake, nangapantsi kwamapiko ake uya ku-
temba: innyaniso yake ilikaka, nekakana.
5 Akuyi kwoyika isituso sasebusuku, *no*-
tolo olubalekayo emmini, 6 *n*esifo esibubi-
sayo esihambayo ebumnyameni, nesitsha-
balaliso esitshabalalisayo emmini enkulu.
7 Kwowa iwaka ecaleni lako, neshumi
lamawaka ngesokunene sako; *kuloko* ku-
ngayi kusondela kuwe. 8 Uya kukangela
kodwa ngamehlo ako, ubone ukuvuzwa
kwabakohlakeleyo. 9 Ngennxa yokuba
UYEHOVA, indawo yami yokupepela, lo
upezu kwonke, umenzile ikaya lako, 10
akuyi kuhlelwa bububi, nesibulalo asiyi
kusondela endhlwini yako. 11 Ngokuba
eya kuyalela ingelosi zake ngawe, ukuba
zikugcine ezindhleleni zako zonke. 12
Zokufunqula ngezandhla, hleze ukùbekise
unyawo lwako ngasetyeni. 13 Uya ku-
nyatela pezu kwengonyama neramba; in-
gonyama entsha nennamba uya kuzinya-
tela ngennyawo.
14 Ngokuba enditandile kakulu, knkona
ndiya kumkulula; ndiya kumbeka ennya-
ngweni, ngokuba elazile igama lami. 15
Uya kubiza kumi, ndimpendule ke; ndoba
naye ebunzimeni; ndomkulula, ndimnike
udumo. 16 Ndiya kumkolisa ngobude
bemihla, ndimbonise usindiso lwami.

## ICULO XCII.

Iculo lokuvunywa ngemmini ye-Sabata.

KULUNGILE ukubulela KUYEHOVA, no-
kucula egameni lako, wena ungopezu kwo-
nke! 2 ukushumayela ububele bako ku-
sasa, nennyaniseko yako ebusuku, 3 ngento
ezintambo zilishumi, nangenebele, ngeki-
nore ecingisayo. 4 Ngokuba wena, YE-
HOVA! undivuyisile ngesenzo sako; ndiya
kugcoba ngemisebenzi yezandhla zako. 5
YEHOVA! hai ubukulu bemisebenzi yako!
inkumbulo zako zendele kakulu.
6 Umntu odolileyo akazi; nosidenge
akakuqondi oku. 7 Nxa batyatyambayo
abakohlakeleyo njengennca, na*nxa* bahlu-
mayo bonke abenzi bobubi, kukuba baya
kubujiswa kude kube ngunapakade. 8
Kodwa wena, YEHOVA! ungopezulu kude
kube ngunapakade. 9 Ngokuba, bona ke,
intshaba zako, YEHOVA! ngoknba, bona ke,
intshaba zako ziya kutshabalala; bonke
abenzi bobubi baya kucitwa.
10 Kodwa upondo lwami uya kulupaka-
misa njengolwennyati; ndiya kutanjiswa
ngeoli entsha. 11 Laye iliso lami liya
kukangela pezu kwabandihlolayo; indhle-
be zami zova ngabo abakohlakeleyo abasu-
kela ngakumi. 12 Olungileyo uya kutya-
tyamba njengomti wepalime; uya kukula



University of Fort Hare
Together in Excellence

njengesedare e-Lebanone. 13 Abatyalwayo
endhlwini KAYEHOVA, baya kutyatyamba
emakusini KATIXO wetu. 14 Boba besaxa-
kata nasebudaleni; bocuma babe luhlaza;
15 kuze kushunyayelwe ukuba UYEHOVA
ulungile: ulilityekazi lami, okungeko 'bu-
menemene kuye.

## ICULO XCIII.

UYEHOVA upete ngobukumkani, wa-
mbete ubukulu; UYEHOVA wambete ama-
ndhla, uzibinqile *ngawo:* kanjalo ilizwe
liqinisekile, alinakushukunyiswa. 2 Ite-
rone yako iqinisekile kwa kudala: ungu-
napakade wena. 3 Imilambo ipakamisile,
YEHOVA! imilambo ipakamisile ilizwi layo;
imilambo iyapakamisa amaza ayo. 4 U-
YEHOVA opezulu unamandhla ngapezu kwo-
kugquma kwamanzi amaninzi, *napezu* kwa-
maza olwandhle anamandhla. 5 Izinqìnelo
zako zinyanisekile kakulu: ubungcwele
bufanelekile kwindhlu yako, YEHOVA! kude
kube ngunapakade.

## ICULO XCIV.

TIXO wempindezelo! YEHOVA, TIXO
wempindezelo! kazimla. 2 Zipakamise,
Mgwebi womhlaba! buyekeza kwabanera-
tshi ngoku*ba*faneleyo.
3 Kwoba kade kangakananina abako-
hlakeleyo, YEHOVA! kwoba kade kangaka-
nanina abakohlakeleyo bevuyelela? 4
*Kwoba kade kangakananina* bepimisela
beteta ngokulukuni, beziqayisela bonke
abenzi bobubi? 5 Abantu bako, YEHOVA!
bayabatyumza; nelifa lako bayalibande-
zela. 6 Umhlolokazi nowasemzini baya-
bububisa, nabazinkedama bayababulala. 7
Bati noko: UYEHOVA akayi kubona, UTIXO
ka-Yakobi akayi kugqala.
8 Qondani, nina badolileyo ebantwini;
nani 'mageza! noda nilumke ninina? 9
Obetyala indhlebe, akayi kuva na? obe-
dala iliso, akayi kubona na? 10 Ozilule-
kayo izizwe, akayi kwohlwaya na? lowo
ufundisa abantu ukwazi! 11 UYEHOVA
uyawazi amaqinga abantu, ukuba akanda-
wo wona.
12 Hai itamsanqa lalomntu umlulekayo,
YEHOVA! nomfundisayo ngomteto wako;
13 ukuze umnike ukupumla emihleni yo-
bubi, nxa kumbelwa okohlakeleyo umnxu-
ma! 14 Ngokuba UYEHOVA engayi kulahla
abantu bake, nelifa lake akayi kulishiya.
15 Koko ugwebo luya kubuyela ebulungi-
seni; boti bonke abalungileyo ngenkliziyo
balulandele.
16 Ngubanina oya kundipakamela nga-
kubo abenzayo okungalungileyo? nguba-
nina oya kundimela ngakubo abenzi benko-
hlakalo? 17 Ukuba UYEHOVA ebengelu-
ncedo kumi, umpefumlo wami unge uhle
wahlala ekutini ewaka. 18 Ndindakuti:
Unyawo lwami luyatyibilika; ububele
bako, YEHOVA! bandixasa. 19 Ebuninzini
bezicingo zami ngapakati kwami, izonwa-
biso zako ziyayolisa umpefumlo wami.
20 Iterone yobumenemene iya kubanda-
kanywa nawe na, idala ububi ngomteto
nje? 21 Bayahlanganisana ngakuwo um-
pefumlo wolungileyo, bagwebe igazi eli-
ngenatyala. 22 Kodwa UYEHOVA uyinnya-
ngo yami; NOTIXO wami ulilityekazi loku-
pepela kwami. 23 Waeya kubuyisela pezu
kwabo inkohlakalo yabo, abanqamle bese-
bubini babo: UYEHOVA, UTIXO wetu, uya
kubanqamla.

## ICULO XCV.

YIZANI, masigcobe kuye UYEHOVA;
masenze intsholo yovuyo kwilityekazi lo-
sindiswa lwetu. 2 Masize ebusweni bake
ngokubulela; masenze intsholo yovuyo
kuye ngamaculo.
3 Ngokuba UYEHOVA ENGUTIXO omkulu,
nokumkani omkulu pezu kwabo bonke
otixo. 4 Indawo ezinzulu zomhlaba zise-
sandhleni sake; indyebo zentaba zizezake
nazo. 5 Ulwandhle lolwake, walwenza; *no-
mhlaba* owomileyo izandhla zake zawudala.
6 Yizani, masibedeshe sitobe pantsi;
masiguqe ngamadolo ebusweni BUKAYEHOVA
owasenzayo. 7 Ngokuba yena ENGUTIXO
wetu; nati singabantu besidhlelo sake ne-
zimvu zesandhla sake.
Namhla nje ukuba niya kuliva ilizwi
lake, 8 maningazenzi lukuni inkliziyo
zenu, njengase-Meriba, njengasemhleni
wase-Masa enklango; 9 okuya oyihlo benu
bandilinga, bandivavanya, ewe babona
umsebenzi wami. 10 Bendidela isizu-
kulwana *eso* iminyaka yamashumi mane;
ndati: Ngabantu abankliziyo ilahlekayo,
abazazanga indhlela zami: 11 endafunga
ngabo ngomsindo wami, *ukuti:* Abasayi
kungena ekupumleni kwami.

## ICULO XCVI.

VUMANI KUYEHOVA iculo elitsha; vu-
mani KUYEHOVA, mhlaba wonke! 2 Vu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

mani KUYEHOVA, bongani igama lake; shu-
mayelani usindiso lwake ngemihla ngemi-
hla. 3 Balisani ubungcwalisa bake pakati
kwabaheyideni, imimangaliso yake pakati
kwezizwe zonke. 4 Ngokuba UYEHOVA
emkulu, ulungel' ukudunyiswa kakulu;
ulungel' ukwoyikwa pezu kwotixo bonke.
5 Ngokuba bonke otixo bezizwe bengama-
dalo; kanti UYEHOVA walenza izulu. 6
Ebusweni bake kuko udumo nobukulu;
endaweni yake eyingcwele kuko amandhla
nenkazimlo.
7 Nikelani KUYEHOVA, zizukulwana za-
bantu! nikelani KUYEHOVA ubungcwalisa
namandhla. 8 Nikelani KUYEHOVA ubu-
ngcwalisa begama lake; zisani umnikelo,
ningene emakusini ake. 9 Bedeshani
UYEHOVA ebuhleni bobungcwele; tutume-
lani pambi kwake, mhlaba wonke! 10
Yitini pakati kwabaheyideni: UYEHOVA
upete ngobukumkani. Ilizwe nalo liya
kuqiniswa, lize lingabi nakushukunyiswa:
uya kugweba izizwe ngokufanelekileyo.
11 Malivuye izulu, ugcobe umhlaba;
malugqume ulwandhle, nokuzala kwalo;
12 mazivuyelele izindhle, nako konke oku-
kuzo: oko iya kugcoba yonke imiti yehlati
13 ebusweni BUKAYEHOVA; ngokuba esiza,
—ngokuba esiza kugweba umhlaba: uya
kugweba ilizwe ngobulungisa, nezizwe
ngennyaniso yake.

## ICULO XCVII.

UYEHOVA upete ngobukumkani; mau-
gcobe umhlaba; masivuye isininzi sezi-
qiti.
2 Amafu nesitokotoko ziyamngqonga;
ubulungisa nobugwebo bungumsekelo we-
terone yake. 3 Umlilo uyahamba pambi
kwake, otshisa intshaba zake ngamacala
onke. 4 Imibane yake yakanyisa ilizwe;
umhlaba wabona, wangcangcazela. 5 In-
taba zanyibilika njengomtwebeba ebu-
sweni BUKAYEHOVA, ebusweni BENKOSI yom-
hlaba wonke.
6 Izulu liyaxela ubulungisa bake, ne-
zizwe zonke ziyabona ubungcwalisa bake.
7 Bodaniswa bonke abo bakonza umfane-
kiso oqingqiweyo, abaziqayiselayo ngawo
amadalo: bedeshani yena, nonke nina bo-
tixo!
8 I-Ziyone yeva, yavuya; intombi za-
kwa-Juda zagcoba, ngennxa yemigwebo
yako, YEHOVA! 9 Ngokuba wena, YEHOVA!
upezulu pezu kwomhlaba wonke; upaka-
mile kakulu pezu kwabo bonke otixo.
10 Nina nimtandayo UYEHOVA! tiyani
okungalungileyo: uyagcina imipefumlo
yabangcwele bake; uyabakulula esandhle-
ni sabakohlakeleyo. 11 Ukukanya ku-
hlwayelelwe olungileyo, novuyo *luhlwaye-
lelwe* abankliziyo zilungisekile. 12 Vu-
yani KUYEHOVA, nina balungileyo! nibulele
ngenkumbuzo yobungcwele bake.

## ICULO XCVIII.

Iculo.

VUMANI KUYEHOVA iculo elitsha; ngo-
kuba wenzile imimangaliso: isandhla sake
sokunene, nengalo yake eyingcwele, zime-
nzele usindiso. 2 UYEHOVA wazisile usi-
ndiso lwake; ubulungisa bake ubutyilile
emehlweni abaheyideni. 3 Ukumbule u-
bubele bake nennyaniseko yake ngakuyo
indhlu yo-Sirayeli: zonke inncame zom-
hlaba zibonile usindiso LWOTIXO wetu.
4 Dandulukani ngovuyo KUYEHOVA,
mhlaba wonke! gqabukani, nigcobe, ni-
cule nokucula. 5 Culani KUYEHOVA nge-
kinore; ngekinore, nangelizwi leculo. 6
Ngamaxilongo, nangelizwi lopondo, ye-
nzani intsholo ebusweni BUKAYEHOVA uku-
mkani. 7 Ulwandhle malugqume, noku-
zala kwalo; ilizwe, nabahleli kulo. 8
Imilambo mayenze inklombe; intaba ma-
zigcobe kunye 9 ebusweni BUKAYEHOVA:
ngokuba esiza kugweba umhlaba: uya ku-
gweba ilizwe ngobulungisa, nezizwe ngo-
kufanelekileyo.

## ICULO XCIX.

UYEHOVA upete ngobukumkani; izi-
zwe mazingcangcazele: uhleli *pakati* kwe-
kerubime; umhlaba maushukunyiswe.
2 UYEHOVA umkulu e-Ziyone; upezulu
yena pezu kwezizwe zonke. 3 Mazidu-
mise igama lako elikulu neloyikekayo:
uyingcwele yena: 4 kwa namandhla oku-
mkani: uyatanda ubugwebo. Wena uku-
qinisile okufanelekileyo; ubugwebo nobu-
lungisa ubenzile wena kwa-Yakobi. 5 Pa-
kamisani UYEHOVA, UTIXO wetu, nibedeshe
esitulweni sennyawo zake: uyingcwele
yena.
6 U-Mosesi no-Arone pakati kwabaperi-
site bake, no-Samyali pakati kwabo balibi-
zayo igama lake, bebebiza KUYEHOVA, wati
yena wabapendula. 7 Wateta nabo entsi-
keni yelifu: bagcina izinqinelo zake, nom-



University of Fort Hare

miso wabebanika wona. 8 YEHOVA, TIXO
wetu! wabapendula wena: WAUNGUTIXO
owabaxolelayo, nakuba ubupindezela ngen-
nxa yezenzo zabo. 9 Pakamisani UYEHOVA,
UTIXO wetu, nibedeshe entabeni yake e-
yingcwele: ngokuba UYEHOVA, UTIXO wetu,
eyingcwele.

## ICULO C.

Iculo lokubulela.

DANDULUKANI KUYEHOVA, mhlaba
wonke! 2 Konzani UYEHOVA ngokuvuya,
nize ebusweni bake ngokugcoba. 3 Yazini
ukuba UYEHOVA UNGUTIXO; nguye owase-
nzayo, asi siti tina; singabantu bake, ne-
zimvu zesidhlelo sake. 4 Ngenani ema-
sangweni ake ngombulelo, *nase*makusini
ake ngomdumiso: bulelani kuye, nibonge
igama lake. 5 Ngokuba elungile UYEHOVA;
ububele bake bungunapakade; nenuya-
niso yake yeyesizukulwana ngesizuku-
lwana.

## ICULO CI.

Iculo lika-Davide.

NDOVUMA ngobubele nangobugwebo;
kwa kuwe, YEHOVA! ndiya kuculа. 2
Ndowenza ngobulumko endhleleni elungi-
leyo. Woza ninina kumi? Ndohamba
ngobunene benkliziyo yami pakati kwen-
dhlu yami. 3 Into yobungíningini a-
ndiyi kuyibeka pambi kwamehlo ami:
ukwenza kwabapambukayo ndiyakutiya;
akuyi kunamatela kumi. 4 Inkliziyo e-
gwenxa iya kumka kumi; okohlakeleyo
andiyi kumazi. 5 Ohleba ummelwane
wake ngasese, oyena ndiya kumtshabala-
lisa; omehlo aratshileyo nonkliziyo iku-
kumeleyo, lowo andiyi kumvuma. 6 A-
mehlo ami oba pezu kwabanyanisekileyo
belizwe, ukuze bahlale nami; ohamba
endhleleni elungileyo, nguye oya kundi-
konza. 7 Owenza ngenkohliso akayi ku-
hlala pakati kwendhlu yami; oteta ubu-
xoki akayi kuma pambi kwamehlo ami.
8 Kwa kusasa ndotshabalalisa bonke aba-
kohlakeleyo belizwe; ndize ndinqamle
bonke abenzi bokungalungileyo esixekweni
SIKAYEHOVA.

## ICULO CII.

Umtandazo wobandezelweyo, nxa acubukile, ade
apalaze isikalazo sake ebusweni buka-Yehova.

YIVA umtandazo wami, YEHOVA! isi-
kalo sami masize kuwe. 2 Ungandifihleli
ubuso bako: mhlana ndisebunzimeni, to-
bela kumi indhlebe yako; mhlana ndibi-
zayo, zuhle undipendule.
3 Ngokuba imihla yami ipela nje-
ngomsi; amatambo ami atshile njengeziko.
4 Inkliziyo yami ibetiwe, yoma njengen-
nca, ndada ndalibala ukudhla isonka sami.
5 Ngennxa yelizwi lokugula kwami, ama-
tambo ami ate nama ennyameni yami. 6
Ndinjengennewangube yenklango, ndinje-
ngesikova sobugxwayiba. 7 Ndiyalinda,
ndinjengehobohobo elilodwa pezu kwen-
dhlu. 8 Intshaba zami ziyandigxeka
immini yonke; abo bandigezelayo bafu-
ngile ngakumi. 9 Ngokuba ndityile u-
tutu njengesonka, nokusela kwami ndiku-
pitikezile nokulila, 10 ngennxa yengqu-
mbo yako nomsindo wako: ngokuba undi-
funqule, wandikahlela pantsi. 11 Intsuku
zami zinjengesitunzi esolukayo; ndomile
njengennca.
12 Kodwa wena, YEHOVA! uya kuhlala
kude kube ngunapakade, nenkumbuzo ya-
ko kwisizukulwana ngesizukulwana. 13
Uya kuvuka, ube nenceba pezu kwe-
Ziyone; ngokuba ixesha lokuyipata ngo-
fefe, ewe, ixesha elimiselweyo, lifikile.
14 Ngokuba izicaka zako zikolela amatye
ayo, zikedamela utuli lwayo. 15 Kukona
abaheyideni baya kwoyika igama LIKAYE-
HOVA, nabo bonke okumkani bomhlaba
ubungcwalisa bako. 16 Nxa UYEHOVA aya
kwaka i-Ziyone, uya kubonakala ebu-
ngcwaliseni bake. 17 Wobeka emtanda-
zweni wabahamba zé; akayi kudela umta-
ndazo wabo. 18 Oku kwobàlelwa isizu-
kulwana sasemva, baze abantu abaza ku-
dalwa badumise UYEHOVA. 19 Ngokuba
ebekangele pantsi kwa sennyangweni yake
eyingcwele; kwa sezulwini UYEHOVA wa-
kangela umhlaba; 20 ukupulapula uku-
gula kwombanjwa; ukukulula abo bami-
selwe ukufa; 21 ukushumayela igama
LIKAYEHOVA e-Ziyone, nodumo lwake e-
Yerusaleme; 22 nxa izizwe zihlangani-
sene ndawonye, nezikumkani, ukukonza
UYEHOVA.
23 Wabulala amandhla ami endhleleni;
wancipisa imihla yami. 24 Ndati: TIXO
wami! zungandisusi ndisepakati kwemihla
yami: iminyaka yako *imi* ngezizukulwana
ngezizukulwana. 25 Kwa kudala wabeka
ukuseka kwomhlaba; nezulu lingumsebe-
nzi wezandhla zako. 26 Zotshabalala
zona, kodwa wena womana ubako: ewe,



University of Fort Hare
Together in Excellence

zonke ezo ziya kuguga njengengubo; uya
kuziguqula njengesivato, zaziya kuguqu-
lwa ke. 27 Kanti wena ukwa nguwe; imi-
nyaka yako ayisayi kupela. 28 Abantwa-
na bezicaka zako bohlala, nenzalo yazo
yoqiniswa pambi kwako.

### ICULO CIII.

Elika-Davide.

MBONGE UYEHOVA, mpefumlo wami!
nako konke okupakati kwami, *libonge* iga-
ma lake eliyingcwele! 2 Mbonge UYE-
HOVA, mpefumlo wami! ungalibali zonke
izincedo zake: 3 oxolela zonke inkohla-
kalo zako; opilisa zonke izifo zako: 4
okulula ubomi bako ekutshabalaleni: oku-
pahlayo ngezibele nangennceba; 5 okolisa
umlomo wako ngokulungileyo; *bude* ubu-
tsha bako buhlaziywe njengobokozi.
6 UYEHOVA uyenzela bonke ababandeze-
lweyo ubulungisa nobugwebo. 7 Wazisa
indhlela zake ku-Mosesi, *nezenzo* zake elu-
satsheni luka-Sirayeli. 8 UYEHOVA unen-
nceba nofefe; uqumba kade, enobubele
obuninzi. 9 Akayi kupika ngamaxesha
onke; akayi kubamba *ingqumbo* kude kube
ngunapakade. 10 Akenzanga kuti njengo-
kwezono zetu; akasivuzanga njengokwen-
kohlakalo zetu. 11 Ngokuba njengobude
bezulu pezu kwomhlaba, bungako ubukulu
bobubele bake pezu kwabamoyikayo. 12
Njengokuba kude kwelokupuma kwelanga
nelokutshona, uyazibeka kude nati izi-
gqito zetu. 13 Njengennceba yoyise pezu
kwabantwana *bake*, injalo innceba KAYE-
HOVA pezu kwabamoyikayo. 14 Ngokuba
ekwazi ukudalwa kwetu, ekumbula ukuba
siluthuli. 15 Umntu imihla yake inje-
ngengca; njengembali yasendhle, uyatya-
tyamba njalo. 16 Ngokuba ummoya u-
dhlula pezu kwayo, ibe selingaseko ke;
iti indawo yayo ingabuyi yazane nayo.
17 Kodwa ububele BUKAYEHOVA bukwa ku-
napakade kude kube ngunapakade pezu
kwabamoyikayo, nobulungisa bake bukwa-
bantwana babantwana: 18 kwabo bagcina
ucebano lwake, nakwabo bakumbula in-
gxelo zake bazenze.
19 UYEHOVA umisile iterone yake ezu-
lwini; ubukumkani bake bupete pezu
kwonke. 20 Bongani UYEHOVA, nina 'zi-
ngelosi zake! nina 'bakulu ngamandhla,
enilenza ilizwi lake, ekuveni inklokoma
yelizwi lake. 21 Bongani UYEHOVA, nonke
nina 'mikosi yake! nina 'bakonzi bake ni-
yenzayo intando yake! 22 Bongani UYE-
HOVA, nonke nina 'misebenzi yake! kuzo
zonke indawo zokupata kwake. Mbonge
UYEHOVA, mpefumlo wami!

### ICULO CIV.

MBONGE UYEHOVA, mpefumlo wami!
YEHOVA, TIXO wami! umkulu kakulu; u-
vatisiwe ngodumo nangobukulu. 2 Owa-
mbata ukukanya njengengubo; owolula
izulu njengesikuselo; 3 obeka intsika
zenkambili zake emanzini; owenza amafu
abe yinnqwelo yake; ohambayo pezu kwa-
mapiko ommoya; 4 owenza ingelosi zake
zibe ngummoya; abakonzi bake babe
ngumlilo odangazelayo. 5 Wamisa umhlaba
pezu kwemisekelo yawo, uze ungashuku-
nyiswa kude kube ngunapakade.
6 Ubuwugubungela ngenzulu njenge-
sivato: amanzi ema pezu kwentaba. 7
Ngokutetisa kwako abaleka; ngelizwi
lokududuma kwako emka ngobunxamo. 8
Ayenyuka ngentaba, ehla ngemihlambo,
ngasendaweni uwamisele yona. 9 Wabeka
umda ukuba angagqiti; ukuba angabi sa-
buya agubungele umhlaba. 10 Uyatuma
imitombo ezintilini; iyahamba pakati
kwentaba. 11 Iyaseza zonke izilo zasen-
dhle; amaqwara ayadambisa ukunxanwa
kwawo. 12 Intaka zezulu zihlala ngaku-
yo; zikupa ilizwi pakati kwamasebe. 13
Uyazinyela intaba kwa sezinkambilini
zake: umhlaba uyahlutiswa ngesiqamo so-
misebenzi yako. 14 Uyahlumisela inkomo
innca, nomfuno wokunceda abantu; aze
avelise ukudhla emhlabeni; 15 neveyine
evuyisa inkliziyo yomntu, ukukazimlisa
ubuso *bake* ngapezu kweoli; nesonka esi-
xasa inkliziyo yomntu. 16 Imiti KAYEHOVA
ihluti; isedare zase-Lebanone owazitya-
layo; 17 apo intaka zakela kona izindhlu:
iraside indhlu yayo yimiti yeberoshe. 18
Intaba ezinde zezamagogo; amawa yinda-
wo yokupepela yembila.
19 Wenza innyanga ibe yeyamaxesha
amiselweyo; ilanga liyakwazi ukutshona
kwalo. 20 Uyenza wena ubumnyama,
buba 'busuku ke: ayapuma ngabo onke
amaramncwa ehlati. 21 Ingonyama ezin-
tsha ziyakonyela into yokuqwenga, zifuna
KUTIXO ukudhla kwazo. 22 Ilanga liya-
puma, zihlanganisane, zilale pantsi emi-
nxunyeni yazo. 23 Uti umntu apumele
emsebenzini wake, nasenkonzweni yake,
kude kuhlwe.



University of Fort Hare
Together in Excellence

24 Hai ukuba mininzi ke kwemisebenzi
yako, Yehova! yonke uyenzile ngobulu-
mko: umhlaba uzele yimfuyo yako. 25
Ulwandhle olu lukulu lubanzi, apo zikona
izinto ezishukumayo ezingenakubalwa, i-
zilo ezincinane ndawonye nezikulu: 26
kulapo zihamba kona innqanawa; *na*leyo-
leviyatane uyidalileyo ukuba idhlale kulo.
27 Zonke ezi ziyakangela kuwe, ukuze
uzamkelise ukudhla kwazo ngexesha lako.
28 Uyazipa, zibute ke; uyavula isandhla
sako, zihlutiswe kokulungileyo. 29 Uya-
fihla ubuso bako, zituswe ke; uyasusa
umpefumlo wazo, ziqauke, zibuyele elutu-
lini lwazo. 30 Uyatuma UMOYA wako, zi-
dalwe ke; uti ubuso bomhlaba ubuhlaziye.

31 Ubungcwalisa BUKAYEHOVA bobako
kude kube ngunapakade; UYEHOVA wovuya
ngemisebenzi yake. 32 Uyakangela um-
hlaba, ungcangcazele ke; uyacukumisa
intaba, ziqume umsi ke.

33 Ndovuma KUYEHOVA ngexa ndisadhla
ubomi; ndocula KUTIXO wami ngexa ndi-
seko. 34 Ukumcinga kwami kwoba mna-
ndi: ndovuya ngaye UYEHOVA.

35 Aboni bogqityelwa emhlabeni, bati
abakohlakeleyo bangabi sabiko. Mbonge
UYEHOVA, mpefumlo wami!—Dumisani U-
YEHOVA!

## ICULO CV.

BULELANI KUYEHOVA, shumayelani
igama lake, yazisani izenzo zake pakati
kwezizwe. 2 Vumani kuye, culani ama-
culo kuye, tetani ngayo yonke imimanga-
liso yake. 3 Qayisani ngegama lake eliyin-
gcwele; maivuye inkliziyo yabamfunayo
UYEHOVA. 4 Buzelani UYEHOVA, nama-
ndhla ake; funani ubuso bake futi. 5
Kumbulani imimangaliso yake ayenzileyo;
imiqondiso yake, nezigwebo zomlomo wa-
ke; 6 nina 'nzalo ka-Abrahame isicaka
sake, bonyana baka-Yakobi, abaqashwa
bake! 7 NGUYEHOVA, UTIXO wetu, yena:
imigwebo yake ikuwo wonke umhlaba.

8 Uyakumbula ucebano lwake kude
kube ngunapakade; ilizwi wabelixela,
kude kube liwaka lezizukulwana; 9 *uce-
bano* owalwenzayo no-Abrahame, nesifu-
ngo sake ku-Yisake; 10 walumisela ku-
Yakobi lube ngumteto, ku-Sirayeli lube
lucebano olungunapakade; 11 esiti: Ndo-
kunika ilizwe le-Kanane, isabiwo selifa
lenu; 12 okuya bebengabantu abalula,
kwa into enncinanana nabasemzini kulo.
13 Bati bakuhamba kwisizwe ngesizwe,
bevela kw*obunye* ubukumkani besiya eba-
ntwini bambi; 14 akavumelanga 'mntu
ukuba ababandezele: wohlwaya noku-
mkani ngennxa yabo; 15 *esiti:* Ninga-
cukumisi abatanjiswa bami, nabaprofite
bami ningabapati kakubi.

16 Kanjalo wabiza indhlala ize pezu
kwelizwe; wonke umsimelelo wesonka
wawapula. 17 Watuma indoda pambi
kwabo; u-Josefe watengiswa abe liko-
nza: 18 babulala innyawo zake ngamaka-
mandela; umpefumlo wake wangena esi-
nceteni; 19 kwada kwalixesha lokufika
kwelizwi lake: ilizwi LIKAYEHOVA lamco-
kisa. 20 Watuma ukumkani, wamkulula;
*watuma* umpati wesizwe, wamvulela. 21
Wamenza inkosi yendhlu yake, nompati
pezu kwayo yonke impahla yake; 22 aze
anxibe inkosana zake ngentando yake, alu-
mkise amapakati ake. 23 U-Sirayeli naye
weza e-Jipete; wati u-Yakobi wahlala
ezweni lakwa-Hame. 24 Waza wandisa
abantu bake kakulu; wabenza abanama-
ndhla pezu kwababandezeli babo.

25 Wajika inkliziyo yabo ize bazonde
abantu bake, benze ngenkohliso ezicakeni
zake. 26 Watuma u-Mosesi isicaka sake,
*no*-Arone owabemqashile. 27 Babonaka-
lisa imiqondiso yake pakati kwabo, nemi-
mangaliso ezweni lakwa-Hame. 28 Wa-
tuma ubumnyama, kwaba 'mnyama ke:
abavukelanga ilizwi lake. 29 Waguqula
amanzi abo abe ligazi, wabubisa inklanzi
zabo. 30 Umhlaba wabo wavelisa kakulu
amasele, ezinkambilini zokumkani babo.
31 Wateta, kwaza kwafika izibau, *n*entwala
kuyo yonke imida yabo. 32 Wabanika
isicoto endaweni yemvula, *n*amalangatye
omlilo ezweni labo. 33 Wabeta imiti ye-
veyine yabo, nemikiwane yabo; wapula
nemiti yemida yabo. 34 Wateta, kwaza
kwafika inkumbi, noruxeshe, kwa ngento
engenakubalwa; 35 zaza zadhla yonke
innca yelizwe labo; zadhla nesiqamo
somhlaba wabo. 36 Wati kanjalo wabeta
onke amazibulo elizweni labo, isiqalo sawo
onke amandhla abo. 37 Waza wabapumisa
benesilivere negolide; kungabangako pa-
kati kwezizwe zabo ohexayo. 38 Ama-
Jipete avuya bakupuma; ngokuba isoyi-
kiso sabo sawa pezu kwawo. 39 Wa-
ndhlala ilifu libe sisigubungelo; nomlilo
wokukanyisa ebusuku. 40 Kwacelwa,
waza wazisa izagwityi, wabahlutisa ngeso-



University of Fort Hare
Together in Excellence

nka sezulu. 41 Wavula ilityekazi, kwa-
mpompoza amanzi ke; abaleka ezindaweni
ezomileyo *njengo*mlambo. 42 Ngokuba e-
bekumbula ilizwi lake eliyingcwele, *no*-
Abrahame isicaka sake. 43 Waza wapu-
misa abantu bake ngovuyo, *na*baqashwa
bake ngomgcobo; 44 wabapa amazwe aba-
heyideni, baza badhla ilifa lomsebenzi
wenklanga: 45 ukuze bagcine imimiso
yake, babambe nemiteto yake.—Dumisani
UYEHOVA!

## ICULO CVI.

DUMISANI UYEHOVA!—Bulelani KUYE-
HOVA, ngokuba elungile; ngokuba ububele
bake bungunapakade. 2 Ngubanina onga-
xela izenzo zamandhla ZIKAYEHOVA? *ngu-
banina* ongavakalisa lwonke udumo lwake?
3 Hai itamsanqa labagcina ubugwebo, *ne*-
lowenza okulungileyo ngamaxesha onke!
4 YEHOVA! zundikumbule ngokutandwa
kwabantu bako; uze kumi unosindiso
lwako; 5 ukuba ndibone ubutamsanqa
babaqashwa bako, ndivuye ngovuyo lwe-
sizwe sako, ndiziqayisele ndawonye nelifa
lako.

6 Sonile kunye nobawo betu, senzile
ngobugwenxa, senza okukohlakeleyo. 7
Obawo betu abaqondanga imimangaliso
yako e-Jipete; abakumbulanga ubuninzi
bezibele zako: bavukela *ngakuye* elwa-
ndhle, elwandhle olubomvu. 8 Wabasindisa
noko ngennxa yegama lake, ukuze abona-
kalise amandhla ake. 9 Walutetisa ulwa-
ndhle olubomvu, lwada lwoma; waza wa-
bahambisa ezinzulwini njengasenklango.
10 Wabasindisa esandhleni so*bati*yileyo,
wabakulula esandhleni sotshaba. 11 A-
manzi aselela ababandezeli babo; beku-
ngeko namnye wakubo owasalayo. 12
Bandula ukukolwa ngamazwi ake; bavu-
ma indumiso yake.

13 Bahla balibala imisebenzi yake; a-
balindanga icebo lako; 14 bakanuka ka-
kulu enklango, balinga UTIXO ebugxwayi-
beni. 15 Waza wabapa isicelo sabo; ko-
dwa watuma ubityo empefumlweni wabo.
16 Baba nomona ngaku-Mosesi emnqubeni,
*na*ngaku-Arone oyingcwele KAYEHOVA. 17
Umhlaba wavuleka, waginya u-Datane,
waselela umhlambi ka-Abirame. 18 Kwa-
penjwa umlilo emhlambini wabo; ilanga-
tye latshisa abakohlakeleyo. 19 Benza
itole e-Horebe, bazitoba pambi kwomfane-
kiso otyityishiweyo. 20 Kwa njalo bagu-
qula ubungcwalisa babo bube kokufana
nenkabi edhla inuca. 21 Balibala UTIXO
umsindisi wabo, obezenzile izinto ezinkulu
e-Jipete; 22 imimangaliso ezweni lakwa-
Hame, izinto ezoyikekileyo ngaselwandhle
olubomvu. 23 Wati ngoko ebeya kubatsha-
balalisa, ukuba u-Mosesi umqashwa wake
ebengemanga esirotyeni pambi kwake, uku-
pambukisa umsindo wake, aze angabubisi.

24 Kanjako badela ilizwe elinqwenele-
kayo; abakolwanga lilizwi lake; 25 beya
ezintenteni zabo; abapulapulanga ilizwi
LIKAYEHOVA. 26 Wati ngoko wapakamisa
isandhla sake ngakubo, ukuba abawise
enklango; 27 nokuba awise inzalo yabo
pakati kwabaheyideni, abati sa emazweni.
28 Bazibandakanya no-Bali-pehori, badhla
amadini abafileyo. 29 Baza bamqumbisa
ngezenzo zabo: sada isibulalo satyobo-
zela pakati kwabo. 30 Wandula wesuka
u-Finehasi, wenza umgwebo: sati isibu-
lalo sanqamka. 31 Kwaza oko kwabalelwa
kuye ukuba bubulungisa, kwisizukulwana
ngesizukulwana kude kube ngunapakade.
32 Bamqumbisa kanjalo emanzini e-Me-
riba, kwaza kwaba nzima pezu kwo-Mosesi
ngennxa yabo: 33 ngokuba bacapukisa
ummoya wake, wada wateta ngomlomo
wake ngokunxama.

34 Abatshabalalisanga izizwe UYEHOVA
wabebaxelela ngazo; 35 badibanisana na-
baheyideni, bafunda imisebenzi yabo. 36
Basuka bakonza izitixo zabo: zaza zaba
ngumgibe kubo. 37 Ewe, onyana babo
nentombi zabo babenza amadini kuzo ide-
moni, 38 bapalaza igazi elingenatyala,
igazi lonyana babo nelentombi zabo, aba-
bebenzile amadini kwizitixo zase-Kanane:
waza umhlaba wadyojwa ngegazi. 39
Kwa njalo bazincolela ngemisebenzi yabo,
barexeza ngezenzo zabo. 40 Yati ngoko
ingqumbo KAYEHOVA yavuta ngakubo aba-
ntu bake, wada wazonda ilifa lake. 41
Wabanikela esandhleni sabaheyideni; baza
bapatwa ngababatiyileyo. 42 Intshaba
zabo zabancinezela; batotyiswa pantsi
kwesandhla sazo. 43 Wabahlangula ama-
xesha amaninzi; koko bamcapukisayo
ngecebo labo, baza bagotywa ngennxa
yenkohlakalo yabo.

44 Kodwa wabona ubunzima babo, aku-
va ukukala kwabo. 45 Waza wabakumbu-
lela ucebano lwake, waba nosizi njengobu-
ninzi bezibele zake. 46 Wenza nokuba
bazuze inceba ebusweni babo bonke aba-



University of Fort Hare

bebatimbile. 47 Sisindise, YEHOVA, TIXO
wetu! sibute sipume pakati kwabaheyi-
deni, size sibulele egameni lako elingcwe-
le, siqayise eludunyweni lwako.
48 Makabongwe UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, kwa kunapakade kude kube ngu-
napakade: mabati bonke abantu: Amene.
—Dumisani UYEHOVA!

## ICULO CVII.

BULELANI KUYEHOVA, ngokuba elu-
ngile; ngokuba ububele bake bungunapa-
kade. 2 Mabatsho abakululwa BAKAYEHOVA,
owabakulula esandhleni sotshaba; 3 wa-
babuta emazweni, empumalanga nasentsho-
nalanga, enode nasesuyide.
4 Badungudela enklango, endhleleni e-
bugxwayiba; abafumananga 'sixeko soku-
hlala. 5 Bati, belambile benxaniwe, um-
pefumlo wabo wawa pakati kwabo. 6
Bandula balilela KUYEHOVA ebunzimeni
babo; wabahlangula ekuxinezekeni kwabo.
7 Waza wabakokela ngendhlela elungile-
yo, ukuze baye esixekweni sokuhlala. 8
Makubulelwe KUYEHOVA ububele bake ne-
mimangaliso yake konyana babantu! 9
Ngokuba ekolisa umpefumlo okanukayo;
nompefumlo olambileyo uyawuzalisa ngo-
kulungileyo.
10 Abo bahleli ebumnyameni nasesitu-
nzini sokufa, benxityiwe ngembandezelo
nangentsimbi; 11 ngokuba bebevukele a-
mazwi KATIXO, badela icebo lopezu kwo-
nke: 12 ngako watobisa inkliziyo yabo
ngendiniso; bakùbeka, kungeko 'mncedi.
13 Bandula balilela KUYEHOVA ebunzimeni
babo; wabasindisa ekuxinezekeni kwabo.
14 Wabakupa ebumnyameni nasesitunzini
sokufa, waqaula izinxibo zabo. 15 Maku-
bulelwe KUYEHOVA ububele bake nemima-
ngaliso yake konyana babantu! 16 Ngo-
kuba eqekezile ingcango zexina, wanqamla
kubini imivalo yesincete.
17 Abazidenge ngennxa yokugqita kwa-
bo, nangennxa yenkohlakalo zabo, bayaba-
ndezelwa. 18 Umpefumlo wabo utiyana
nako konke ukudhla, basondele emasa-
ngweni okufa. 19 Bandule balilele KUYE-
HOVA ebunzimeni babo; uyabasindisa eku-
xinezekeni kwabo. 20 Uyatuma ilizwi
lake, abapilise, abakulule ekwonakaleni
kwabo. 21 Makubulelwe KUYEHOVA ubu-
bele bake nemimangaliso yake konyana
babantu! 22 Makunikelwe iminikelo
yombulelo, kushunyayelwe imisebenzi ya-
ke ngomgcobo!
23 Abo behlela elwandhle ezinnqana-
weni, abenzayo umsebenzi emanzini ama-
kulu; 24 bona bayabona imisebenzi KAYE-
HOVA, nemimangaliso yake enzulwini. 25
Uti akuteta, avuse ummoya woqwitela,
opakamisayo amaza alo. 26 Bayanyukela
ezulwini, babuye behlele ezinzulwini:
umpefumlo wabo uyauyibilika ngesituku-
tezi. 27 Banesizunguzane, begexa nje-
ngonxilayo; bonke ubulumko babo buci-
tekile. 28 Bandule balilele KUYEHOVA
ebunzimeni babo, aze abakupe ekuxineze-
keni kwabo. 29 Uyenza uqwitela luzole,
ukuze amaza alo ati cwaka. 30 Bandule
bavuye, ngokuba edambile; kwa njalo
uyabakapela ecwebeni lokunqwenela kwa-
bo. 31 Makubulelwe KUYEHOVA ububele
bake nemimangaliso yake konyana baba-
ntu! 32 Makapakanyiswe enklaugani-
sweni yabantu, adunyiswe esihlolweni
sabadala!
33 Uyaguqula imilambo ibe yinklango,
namatende amanzi abe yindawo eyomileyo;
34 ilizwe elicumayo libe lelityuwara,
ngennxa yenkohlakalo yabemiyo kulo. 35
Uyaguqula inklango ibe licibi, nelizwe
elomileyo libe ngamatende amanzi: 36
ahlalise kona abalambileyo, ize bamise
isixeko sokuhlala; 37 bahlwayele amasi-
mi, batyale izitiya zemiti yeveyine, ezive-
lisa iziqamo zokwanda. 38 Uyabatamsa-
nqelisa ke, bade bandiswe kakulu; nenko-
mo zabo akazincipisi. 39 Kanjalo, baya-
ncitshiswa, batotywe, ngoncinezelo, nobu-
bi, nosizi. 40 Uyapalaza udelo pezu kwazo
inkosi, azidungudelise ebugxwayibeni
kungeko 'ndhlela. 41 Kodwa osweleyo
uyampakamisa pezulu kuyo imbandezelo,
enze izizalwane njengomhlambi. 42 Aba-
lungileyo bobona, bavuye; iti inkohlakalo
yonke ivingce umlomo wayo.
43 Osukuba elumkile, n*osukuba* eya ku-
nakana ezi*zinto*, kwa bona baya kuqonda
izibele ZIKAYEHOVA.

## ICULO CVIII.

**Iculo lika-Davide, lokuvunywa.**

INKLIZIYO yami iqinisiwe, TIXO!
ndiya kuvuma, ndicule nokucula kwa
ngengcwalisa yami. 2 Vuka, nebele ne-
kinore! ndiya kuvuka kusasa mina. 3
Ndokudumisa, YEHOVA!, pakati kwezizwe;



University of Fort Hare
Together in Excellence

ndandiya kucula kuwe pakati kwenklanga.
4 Ngokuba ububele bako bukulu ngapezu
kwezulu, nennyaniso yako kude kube
semafini. 5 Yiba upakamile pezu kwezulu,
TIXO! nobungcwalisa bako pezu kwom-
hlaba wonke.
6 Ukuze abatandwa bako bakululwe,
sindisa ngesokunene sako, undipendule.
7 UTIXO utetile ebungcweleni bake; ndiya
kugcoba: ndiya kwaba i-Shekeme, ndili-
nganise umhlambo we-Sukote: 8 u-Gile-
yadi ungowami; u-Manase ungowami; u-
Frayime naye ungamandhla enkloko yami;
u-Juda ungumnikamteto wami: 9 i-Mo-
wabi isisitya sami sokuhlambela; pezu
kwe-Edome ndoposa isihlangu sami; pezu
kwe-Filistiya ndiya kuvuyelela.
10 Ngubanina oya kundikokela esixe-
kweni esiyinnqaba? ngubanina oya kundi-
kapela e-Edome? 11 Asi *nguwe* na, TIXO!
*o*wabusilahlile? akuyi kupuma na, TIXO!
nemikosi yetu? 12 Siniko uncedo ekuba-
ndezelweni; ngokuba usizo lwabantu lu-
ngendawo. 13 Ngaye UTIXO siya kwenza
ngoburoti; ngokuba enguye oya kunyatela
pantsi ababandezeli betu.

## ICULO CIX.

Iculo lika-Davide, libhalelwe umhlabeli omkulu.

MAUNGATI cwaka, TIXO wendumiso
yami! 2 Ngokuba kuvuliwe ngakumi
umlomo wokohlakeleyo nomlomo womko-
hlisi; batetile ngakumi ngolwimi lwobu-
xoki. 3 Bandiraula nangamazwi okutiya;
balwa nami kungeko 'tuba. 4 Endaweni
yokutanda kwami bayimpi kumi; kodwa
mina ndisemtandazweni. 5 Kanjalo ba-
ndibekele ububi endaweni yokulunga, no-
kutiya endaweni yokutanda kwami.
6 Misa okohlakeleyo pezu kwake; ati
u-Satane eme ngasekunene kuye. 7 Nxa
agwetywayo, makapume enetyala; ube si-
sono nomtandazo wake. 8 Imihla yake
maibe mincinane; butatyatwe ngomnye
ubongama bake. 9 Mabati abantwana
bake babe zinkedama, nomfazi wake abe
ngumhlolokazi. 10 Abantwana bake ma-
babe zimpalalana, banqibe; mabafune *u-
kudhla* bevela ezindaweni zabo ezicitake-
leyo. 11 Umbangi makadhle konke anako;
bati abasemzini bapange inzuzo yake. 12
Makungabiko oya kumolulela ububele;
kanjako makungabiko oya kuba nofefe
pezu kwenkedama zake. 13 Inzalo yake
mainqanyulwe; liti igama layo esizuku-
lwaneni sasemva licinywe. 14 Inkohla-
kalo yoyise bake maikunjulwe ebusweni
BUKAYEHOVA; siti isono sonina singacinywa:
15 mazibe pambi KWOYEHOVA futi, ukuze
ayinqamle inkunjulwa yabo emhlabeni:
16 ngennxa yokuba engakumbulanga u-
kwenza ngobubele, koko emtshutshisile
olihlwempu nosweleyo, *enxamele* ukubulala
nonkliziyo ilusizi. 17 Njengokuba ebeta-
nda ukuqalekisa, kwa njalo kwoza kuye:
njengokuba engatandanga ukutamsanqe-
lisa, kwa njalo kwoba kude naye. 18
Njengokuba ebezivatisile ngoqalekiso nje-
ngengubo yake, kwa njalo lwoza nje-
ngamanzi embilini wake, nanjengamafuta
ematanjeni ake. 19 Malube kuye nje-
ngengubo ayambatayo, nombinqo azibinqa
ngawo futi. 20 Oku *makube* ngumvuzo
wabayimpi kumi ovela KUYEHOVA, nowaba-
tetayo okubi ngakumpefumlo wami.
21 Kodwa wena, YEHOVA OYINKOSI! ye-
nzela mina ngennxa yegama lako: ngen-
nxa yokuba ububele bako bulungile, zu-
ndikulule. 22 Ngokuba ndilihlwempu,
ndingosweleyo mina; inkliziyo yami ihla-
tyiwe pakati kwami. 23 Ndiyemka nje-
ngesitunzi nxa solukayo; ndiyavutululwa
njengenkumbi. 24 Amadolo ami ayahexa
ngokuzila ukudhla; innyama yami iya-
nqina ngokuswela ubunqata. 25 Kanjalo
ndaba 'sigxekwa kubo: bati bakundibona
bahlunguzela inkloko zabo. 26 Ndincede,
YEHOVA, TIXO wami! ndisindise ngabo u-
bubele bako: 27 ukuze bazi ukuba oku
kusisandhla sako; *ukuba* nguwe, YEHOVA!
okwenzileyo. 28 Mabaqalekise bona, ko-
dwa zutamsanqelise wena; mabati bona
bakuvuka, badaniswe; siti kodwa isicaka
sako sivuye. 29 Abayimpi kumi mabava-
tiswe ngehlazo, mabambate idano labo
njengengubo.
30 Ndiya kubulela KUYEHOVA kakulu
ngomlomo wami; napakati kwabaninzi
ndiya kumdumisa. 31 Ngokuba eya kuma
ngasekunene kwihlwempu, ukuze alisi-
ndise kwabo bagweba umpefumlo walo.

## ICULO CX.

Iculo lika-Davide.

WATI UYEHOVA KWINKOSI yami: Hlala
ngasekunene kumi, ndide ndenze intshaba
zako zibe sisitulo sennyawo zako. 2 In-
tonga yamandhla ako woyituma UYEHOVA
ivela e-Ziyone, *esiti:* Pata wena pakati
kwentshaba zako. 3 Abantu bako boba



University of Fort Hare

nokuvuma ngomhla wobukosi bako, ebu-
hleni bobungcwele: kwa sesizalweni so-
kusa *kwobako* kuwe umbete wobutsha
bako.
4 UYEHOVA ufungile, akayi kuguquka:
ungumperisite kude kube ngunapakade
ngesiko lika-Makizedeki. 5 INKOSI ngase-
kunene kwako iya kulimaza okumkani
ngomhla wengqumbo yayo. 6 Iya ku-
gweba pakati kwabaheyideni, iya kuzalisa
*umhlaba* ngezidumbu; iya kulimaza aba-
yinkloko pezu kwelizwe elikulu. 7 Kwa
semtonjeni iya kusela endhleleni; kukona
iya kupakamisa inkloko.

## ICULO CXI.

DUMISANI UYEHOVA!—Ndiya kubulela
KUYEHOVA ngenkliziyo yonke, esihlelweni
sabalungileyo, nasenklanganisweni. 2 I-
misebenzi KAYEHOVA mikulu, ifuniselwa
ngabo bonke abayinyamekelayo. 3 Isenzo
sake sinokuduma nobungcwalisa: buti
ubulungisa bake bume ngonapakade. 4
Wenze imimangaliso yake ibe yinkumbu-
zo: UYEHOVA unofefe, unenceba. 5 Uba-
mkelisile ukudhla abo bamoyikayo: uce-
bano lwake wolukumbula kude kube
ngunapakade. 6 Ubonakalisile amandhla
emisebenzi yake ebantwini bake, ngoku-
bapa ilifa labaheyideni. 7 Imisebenzi
yezandhla zake iyinnyaniso nogwebo; zi-
nyanisekile zonke ingxelo zake. 8 Zihlala
ziqinisekile kude kube ngunapakade:
yenziwe ngennyaniso nangobulungisa. 9
Watuma inkululwa ebantwini bake: umi-
sele ucebano lwake lube ngunapakade:
igama lake liyingcwele, linokwoyikeka.
10 Ukwoyika UYEHOVA kusisiqalo sobulu-
mko: banengqondo elungileyo bonke aba-
zenzayo *ingxelo zake;* udumo lwake lumi
ngonapakade.

## ICULO CXII.

DUMISANI UYEHOVA.—Hai itamsanqa
lomntu omoyikayo UYEHOVA, lotanda ka-
kulu imiyalelo yake! 2 Inzalo yake yoba
namandhla emhlabeni: isizukulwana sa-
balungileyo siya kutanyusanqelwa. 3
Kwobako indyebo nobutyebi endhlwini
yake: buti ubulungisa bake bume ngona-
pakade. 4 Kuyapumela abalungileyo u-
kukanya ebumnyameni: unofefe, unen-
nceba, unobulungisa. 5 Umntu olungi-
leyo uyenza ngofefe, aboleke; uya kulu-
ngiselela imicimbi yake ngokufaneleyo.
6 Ngennyaniso akayi kushukunyiswa kude
kube ngunapakade: olungisayo woba se-
kukunjulweni okungunapakade. 7 Akayi
kwoyikela indaba ezimbi; inkliziyo yake
iqinisiwe, itembela KUYEHOVA. 8 Inkli-
ziyo yake iqinisekile, akayi kwoyika, ade
akangele pezu kwentshaba zake. 9 Uci-
tile, wapa abasweleyo; ubulungisa bake
bumi ngonapakade; upondo lwake luya
kupakanyiswa ngobungcwalisa.
10 Okohlakeleyo uya kubona, acapuke;
uya kutshixiza amenyo ake, anyibilike:
inkanuko yabakohlakeleyo yotshabalala.

## ICULO CXIII.

DUMISANI UYEHOVA!—Dumisani, nina
'zicaka ZIKAYEHOVA! dumisani igama LIKA-
YEHOVA. 2 Malibongwe igama LIKAYEHOVA,
kwa kaloku nje, nakude kube ngunapa-
kade. 3 Kwa sekupumeni kwelanga kude
kube sekutshoneni kwalo, igama LIKAYE-
HOVA lilungel' ukudunyiswa.
4 UYEHOVA upezulu pezu kwezizwe zo-
nke; ubungcwalisa bake bupezu kwezulu.
5 Ngubanina ONJENGOYEHOVA, UTIXO wetu,
ozihlalisela pezulu, 6 ozitobayo ukubona
okusezulwini nokusemhlabeni? 7 Uyasu-
kisa ihlwempu elutulini, uyapakamisa o-
sweleyo enkunkumeni, 8 ukuba abahlalise
ndawonye nenkosi, ndawonye nenkosi
zabantu bake. 9 Uyahlalisa umdhlolokazi
endhlwini, abe ngunina ovuyayo waba-
ntwana.—Dumisani UYEHOVA!

## ICULO CXIV.

NXA u-Sirayeli wapuma e-Jipete, in-
dhlu ka-Yakobi ebantwini abakuteta ko-
kwasemzini; 2 u-Juda waba yindawo
yake eyingcwele, u-Sirayeli *waba* yeyobu-
kosi bake.
3 Ulwandhle lwabona, lwabaleka; i-
Yoredane yajika ngomva. 4 Intaba zatsiba
njengenkunzi zegusha, *n*enduli njengama-
xwana.
5 Ubunanina, lwandhlendini! ukuba
wabubaleka? wena, Yoredane! ukuba wa-
bujika ngomva? 6 nina 'zintaba! ukuba
nanitsiba njengenkunzi zegusha? *na*ni
'zinduli! *ukuba nanitsiba* njengamaxwana?
7 Ngcangcazela, wena 'mhlaba! ebu-
sweni BENKOSI, ebusweni BOTIXO ka-Yakobi;
8 owaguqula ilitye libe licibi lamanzi,
nelitye elilukuni libe ngumtombo wama-
nzi.



University of Fort Hare
Together in Excellence

## ICULO CXV.

MAKUNGABI kuti, YEHOVA! maku-
ngabi kuti, makube kwigama lako ekuni-
kelwa ubungewalisa, ngennxa yobubele
bako, *na*ngennxa yennyaniso yako. 2 Yi-
nina ukuba abaheyideni babe nokuti :
Upina ke UTIXO wabo? 3 Kodwa UTIXO
wetu usezulwini: konke akutandayo uya-
kwenza.
4 Izitixo zabo zezesilivere negolide,
umsebenzi wezandhla zabantu. 5 Zinemi-
lomo, kanti aziteti; zinamehlo, kanti azi-
boni; 6 zinendhlebe, kanti aziva; zi-
nempumlo, kanti azijoji; 7 zinezandhla,
kanti azipati; zinennyawo, kanti aziha-
mbi; azivakalisi ngomqala wazo. 8 Abo
bazenzayo bayafana nazo; *nabo* bonke aba-
tembela kuzo.
9 Sirayeli! tembela KUYEHOVA; ungum-
ncedi wabo yena, nekaka labo. 10 Ndhlu
ka-Arone! tembelani KUYEHOVA; ungum-
ncedi wabo yena, nekaka labo. 11 Nina
bamoyikayo UYEHOVA! tembelani KUYEHO-
VA; ungumncedi wabo yena, nekaka labo.
12 UYEHOVA usikumbule; uya kutamsa-
nqelisa: uya kutamsanqelisa indhlu ka-
Sirayeli; uya kutamsanqelisa indhlu ka-
Arone. 13 Uya kutamsanqelisa abamoyi-
kayo UYEHOVA, kwa abancinane nabakulu.
14 UYEHOVA uya kwongezelela pezu kwe-
nu; pezu kwenu napezu kwabantwana
benu. 15 Ningabatanyusanqelweyo NGU-
YEHOVA, owenzayo izulu nomhlaba.
16 Okwezulu, izulu leLIKAYEHOVA; ko-
dwa umhlaba uwunikile konyana babantu.
17 Abafileyo abadumisi UYEHOVA, kwa
nabo bonke abehlele ekutini cwaka. 18
Kodwa tina siya kubonga UYEHOVA, kwa
kaloku nje, nakude kube ngunapakade.—
Dumisani UYEHOVA!

## ICULO CXVI.

NDITANDILE ukuba UYEHOVA alive
ilizwi lami, *ne*zikungo zami. 2 Ngokuba
etobele kumi indhlebe yake, ngako emi-
hleni ndiseko ngayo ndiya kubiza *kuye*.
3 Intambo zokufa zandiraula, nenklu-
ngu zehadesi zandihlela; ndafumana ubu-
nzima nosizi. 4 Ndandul' ukubiza ega-
meni LIKAYEHOVA: Ke, YEHOVA! uze
ukulule umpefumlo wami. 5 Unofefe U-
YEHOVA, unobulungisa; ewe, UTIXO wetu
unenceba. 6 UYEHOVA uyagcina abata-
mbileyo: ndanditotyelwe pantsi, wandisi-
ndisa ke. 7 Buyela ekupumleni kwako,
mpefumlo wami! ngokuba UYEHOVA ekwe-
nzele okulungileyo. 8 Ngokuba uhla-
ngule umpefumlo wami ekufeni, *na*mehlo
ami ezinnyembezini, *ne*nnyawo zami eku-
weni. 9 Ndiya kuhamba ebusweni BUKA-
YEHOVA emazweni abahleliyo. 10 Nda-
kolwa, kungoko ndatetayo: ndandibande-
zelwe kakulu. 11 Ndati ekunxameni
kwami: Bonke abantu bangamaxoki.
12 Ndiya kunikela 'nto nina KUYEHOVA
ngennxa yazo zonke izincedo zake ngaku-
mi? 13 Ndiya kutabata indebe yosindiso,
ndibize egameni LIKAYEHOVA. 14 Ndiya
kufeza izibambiso zami KUYEHOVA, ngapa-
mbi ke kwabo bonke abantu bake. 15
Kunqabile emehlweni KAYEHOVA ukufa
kwabangcwele bake. 16 Ke, YEHOVA!
ngennyaniso ndisisicaka sako; ndisisicaka
sako, kwa unyana wesicakakazi sako: u-
zicumbulule izinxibo zami. 17 Ndiya ku-
nikela umnikelo wombulelo kuwe, ndibize
egameni LIKAYEHOVA. 18 Ndiya kufeza
izibambiso zami KUYEHOVA, ngapambi ke
kwabo bonke abantu bake, 19 emakusini
endhlu KAYEHOVA, pakati kwako, Yerusa-
leme!—Dumisani UYEHOVA!

## ICULO CXVII.

DUMISANI UYEHOVA, nonke nina 'ba-
heyideni! mbongeni nonke nina 'zizwe!
2 Ngokuba ububele bake bukulu ngakuti;
nennyaniso KAYEHOVA ingunapakade.—Du-
misani UYEHOVA!

## ICULO CXVIII.

BULELANI KUYEHOVA, ngokuba elu-
ngile; ngokuba ububele bake bungunapa-
kade. 2 Makatsho ke u-Sirayeli ukuti: U-
bubele bake bungunapakade. 3 Mabatsho
ke indhlu ka-Arone ukuti: Ububele bake
bungunapakade. 4 Mabatsho ke abo ba-
moyikayo UYEHOVA ukuti: Ububele bake
bungunapakade.
5 Ndabizela KUYEHOVA ndisesixingwe-
ni: UYEHOVA wandipendula *wandibeka* en-
daweni ebanzi. 6 UYEHOVA ungecala
lami, andiyi kwoyika; umntu angenza
'nto nina kumi? 7 UYEHOVA ungecala
lami pakati kwabo bandincedayo; ngako
ndiya kukangela pezu kwabanditiyayo.
8 Kulungile ukupepela KUYEHOVA, pezu
kwokokuba kutenjelwe emntwini. 9 Ku-
lungile ukupepela KUYEHOVA, pezu kwoko-
kuba kutenjelwe ezinkosini. 10 Zonke



University of Fort Hare

izizwe zandiraula; koko ngegama LIKAYE-
HOVA ndiya kuzitshabalalisa. 11 Zandi-
raula; ewe, zandiraula; koko ngegama
LIKAYEHOVA ndiya kuzitshabalalisa. 12
Zandiraula njengennyosi; zicimekile nje-
ngomlilo wameva: ngokuba ngegama
LIKAYEHOVA ndiya kuzitshabalalisa. 13
Ubundityàla kakulu, ukuze ndiwe; kodwa
UYEHOVA wandinceda. 14 UYEHOVA unga-
mandhla ami, neculo lami, wada waba
lusindiso kumi. 15 Ilizwi lomgcobo ne-
losindiso lisezintenteni zabalungileyo: i-
sandhla sokunene SIKAYEHOVA siyenza
ngoburoti. 16 Isandhla sokunene SIKAYE-
HOVA sipakamile; isandhla sokunene SIKA-
YEHOVA siyenza ngoburoti.

17 Andiyi kufa, ndohlala; ndandiya
kushumayela imisebenzi KAYEHOVA. 18
UYEHOVA undohlwayile kakulu; kodwa
akandinikelanga ekufeni. 19 Ndivulele
amasango obulungisa: ndiya kungena
ngawo, ndidumise UYEHOVA: 20 elisango
LIKAYEHOVA, abaya kungena ngalo abalu-
ngileyo. 21 Ndokudumisa; ngokuba u-
ndivile, waba lusindiso kumi. 22 Ilitye
babelilahlile abaki, laba yinkloko yegu-
mbi. 23 Kukwenza KUKAYEHOVA oku;
kungummangaliso emehlweni etu. 24 Le
yimmini eyenziweyo NGUYEHOVA; siya ku-
gcoba sivuye ngayo. 25 Ke, YEHOVA! uze
usindise kaloku; ke, YEHOVA! uze unike
kaloku ubutamsanqa. 26 Makatanyusa-
nqeliswe ozayo egameni LIKAYEHOVA: sini-
tamsanqelisile ngokuvela endhlwini KAYE-
HOVA. 27 UTIXO UNGUYEHOVA osikanyise-
leyo: bopelelani *umnikelo* womtendeleko
ngentambo, kude kube sezimpondweni ze-
sibingelo. 28 UNGUTIXO wami wena, nda-
ndiya kukudumisa; UNGUTIXO wami, ndo-
kupakamisa. 29 Bulelani KUYEHOVA, ngo-
kuba elungile; ngokuba ububele bake bu-
ngunapakade.

## ICULO CXIX.

### ALEFE.

HAI itamsanqa labandhlela ilungile,
abahambayo emtetweni KAYEHOVA! 2 Hai
itamsanqa lababamba izinqìnelo zake,
*a*bamfuna ngenkliziyo yonke; 3 *a*bati
kanjalo bangenzi inkohlakalo, bahambe
ezindhleleni zake! 4 Wena u*si*yalele u-
kuba kugcinwe ingxelo zako kakulu. 5
Azaba indhlela zami zaqiniselwa ukugcina
imimiso yako! 6 Oko andiyi kudaniswa,
nxa ndiyigqalayo yonke imiyalelo yako.
7 Ndokudumisa ngolungelelwano lwenkli-
ziyo, nxa ndizifundileyo izigwebo zako
ezilungileyo. 8 Imimiso yako ndoyigcina:
zungandishiyi kanye.

### BETE.

9 Indodana iya kucokisa nganto nina
indhlela yayo? Ngoku*yi*gcina njengokwe-
lizwi lako. 10 Ndikufunile ngenkliziyo
yami yonke; zungavumeli ukuba ndilahle-
kane nemiyalelo yako. 11 Ilizwi lako
ndilibekele enkliziyweni yami, ukuze ndi-
ngoni ngakuwe. 12 Udumisekile, YE-
HOVA! ndifundise imimiso yako. 13 Ngo-
wami umlomo ndishumayele zonke izigwe-
bo zomlomo wako. 14 Ndivuyile endhle-
leni yezinqìnelo zako, njengapezu kwen-
dyebo zonke. 15 Ndiya kucinga ingxelo
zako, ndigqale indhlela zako. 16 Ndiya
kuziyolisa emimisweni yako: andiyi kuli-
bala ilizwi lako.

### GIMELE.

17 Yenzela isicaka sako okulungileyo,
*ukuba* ndidhle ubomi, ndigcine ilizwi lako.
18 Tyila amehlo ami, ndize ndikangele
imimangaliso yasemtetweni wako. 19
Ndingowasemzini emhlabeni: zungandifi-
hleli imiyalelo yako. 20 Umpefumlo
wami uyapuka ngokunqwenela izigwebo
zako ngamaxa onke. 21 Ubatetisile aba-
neratshi abaqalekisiweyo, abalahlekanayo
nemiyalelo yako. 22 Songa kumi ngxeko
nodelo; ngokuba izinqìnelo zako ndiziba-
mbile. 23 Kwa nenkosi zahlala zateta
ngakumi: *kodwa* isicaka sako sacinga imi-
miso yako. 24 Izinqìnelo zako nazo zilu-
yolo lwami; zingabacebisi bami.

### DALETE.

25 Umpefumlo wami unamatele elutu-
lini: ndipilise njengokwelizwi lako. 26
Ndizishumayele indhlela zami, wandiva:
ndifundise imimiso yako. 27 Ndiqondise
indhlela yengxelo zako; ndandiya kuteta
ngayo imimangaliso yako. 28 Umpefumlo
wami uyanyibilika ngosizi: ndomeleze
njengokwelizwi lako. 29 Shenxisa kumi
indhlela yobuxoki; undipe umteto wako
ngofefe. 30 Ndiqashile indhlela yennya-
niso: izigwebo zako ndizibekile *pambi
kwami*. 31 Ndinamatele ezinqìnelweni
zako: YEHOVA! zungandidanisi. 32 Ndiya
kugitshima endhleleni yemiyalelo yako,
nxa uya kuyenza banzi inkliziyo yami.



University of Fort Hare
Together in Excellence

HE.

33 Ndifundise indhlela yemimiso yako,
YEHOVA! ndandiya kuyibamba kude kube
sekupeleni. 34 Ndiqondise, ndandiya ku-
bamba umteto wako, ndiwugcine ngenkli-
ziyo yonke. 35 Ndikokele endhleleni ye-
miyalelo yako; ngokuba ndikolisiwe yiyo.
36 Tobela inkliziyo yami ezinqìnelweni
zako, kungabi kuyo inzuzo ekohlakeleyo.
37 Dhlulisa amehlo ami angaboni okunge-
ndawo: ndipilise endhleleni yako. 38
Qinisa ilizwi lako esicakeni sako, esisekwo-
yikeni wena. 39 Dhlulisa ukugxekwa
kwami endikwoyikayo: ngokuba izigwebo
zako zilungile. 40 Kangela, ndikanukile
ingxelo zako: ndipilise ngobulungisa bako.

VAU.

41 Kanjalo ububele bako mabuze kumi,
YEHOVA! kwa usindiso lwako, njengokwe-
lizwi lako. 42 Kukona ndiya kuba noku-
pendula ondigxekayo: ngokuba nditemba
ilizwi lako. 43 Uze ungalihluti kanye
emlonyeni wami ilizwi lennyaniso; ngo-
kuba nditembele kuzo izigwebo zako. 44
Kukona ndiya kugcina umteto wako futi,
kude kube ngunapakade kanapakade. 45
Ndandiya kuhamba ndikululekile: ngoku-
ba ndizifuna ingxelo zako. 46 Ndoteta
ngezinqìnelo zako nasebusweni babo oku-
mkani, ndandingayi kudana. 47 Kanjalo
ndoziyolisa emiyalelweni yako, endiyita-
ndileyo. 48 Nezandhla zami ndozipaka-
misela kuyo imiyalelo yako, endiyitandile-
yo; ndandiya kucinga imimiso yako.

ZAYINE.

49 Kumbula ilizwi esicakeni sako, ondi-
tembisileyo pezu kwalo. 50 Oku kulutu-
tuzelo lwami ebunzimeni bami: ngokuba
ilizwi lako lindipilisile. 51 Abaneratshi
bandigculele kakulu; andishenxanga *noko*
emtetweni wako. 52 Ndikumbule izi-
gwebo zako kwa kudala, YEHOVA! ndaza
ndazitututuzela. 53 Ukumkwantya kundi-
bambile, ngenxa yabakohlakeleyo aba-
shiya umteto wako. 54 Imimiso yako ibi-
ngamaculo kumi, endhlwini yokupambu-
kela kwami. 55 Ndikumbule igama lako,
YEHOVA! ebusuku, ndagcina umteto wako.
56 Ndandinako oku, ngokuba ndibe ndi-
bamba ingxelo zako.

HETE.

57 Usisabelwa sami, YEHOVA! ndite
ndiya kugcina amazwi ako. 58 Ndaku-
ngela ubuso bako ngenkliziyo yonke: yiba
nofefe kumi njengokwelizwi lako. 59
Ndakumbulela indhlela zami, ndaguqula
innyawo zami ngasezinqìnelweni zako.
60 Ndakauleza, ndingazilazilanga, uku-
gcina imiyalelo yako. 61 Imigibe yaba-
kohlakeleyo indingqongile: andilibalanga
umteto wako *noko*. 62 Pakati kwobusuku
ndiya kupapama ndibulele kuwe, ngennxa
yezigwebo zako ezilungileyo. 63 Ndi-
ngumlingane wabo bonke abakwoyikayo,
nabo bazigcinayo ingxelo zako. 64 Um-
hlaba, YEHOVA! uzele bububele bako: ndi-
fundise imimiso yako.

TETE.

65 Usenzele isicaka sako okulungileyo,
YEHOVA! njengokwelizwi lako. 66 Ndi-
fundise ingqiqo elungileyo nokwazi: ngo-
kuba ndibe ndikolwa yimiyalelo yako. 67
Ndati ndingekabandezelwa, ndalahleka;
kodwa kaloku ndiligcinile ilizwi lako. 68
Ulungile wena, uyenza okulungileyo ka-
njalo: ndifundise imimiso yako. 69 Aba-
neratshi baqingile ubuxoki ngakumi; *koko*
ndiya kubamba ingxelo zako ngenkliziyo
yonke. 70 Inkliziyo yabo ityebile nje-
ngenqata; *koko* mina ndiziyolisa emtetweni
wako. 71 Kundilungele ukuba ndibe
ndibandezelwa; ukuze ndifunde imimiso
yako. 72 Umteto womlomo wako ulu-
ngile kumi ngapezu kwamawaka egolide
nesilivere.

YODE.

73 Izandhla zako zindenzile zandidala:
ndiqondise, ukuba ndifunde imiyalelo ya-
ko. 74 Abo bakwoyikayo bondibona ba-
vuye; ngokuba nditembele ezwini lako.
75 Ndiyazi, YEHOVA! ukuba izigwebo zako
zibulungisa; kanjalo kungennyaniseko
ukundibandezela kwako. 76 Mabuti ke
ububele bako bube kukunditutuzela, nje-
ngalo ilizwi lako esicakeni sako. 77 In-
nceba zako mazize kumi, ukuba ndidhle u-
bomi: ngokuba umteto wako uluyolo lwami.
78 Abaneratshi mabadaniswe; ngokuba
bendipenule kungeko 'ndawo: *kodwa* mina
ndiya kucinga ingxelo zako. 79 Mabati
abakwoyikayo baguqukele kumi, kwa
nabo bazaziyo izinqìnelo zako. 80 Inkli-
ziyo yami mayibe ifezekile emimisweni
yako, ukuze ndingadani.

KAFE.

81 Umpefumlo wami uyapelela usindiso
lwako: nditembele ezwini lako. 82 Ame-



University of Fort Hare

hlo ami ayapelela ilizwi lako, ndisiti: Uya kunditutuzela nini na? 83 Ngokuba ndide ndaba njengemvaba esemsini; ndingalibalanga imimiso yako *noko*. 84 Zingapina intsuku zesicaka sako? uya kuwenza umgwebo ninina pezu kwabandizingelayo? 85 Abaneratshi bandimbele izihogo; ekungenjengawo umteto wako. 86 Yonke imiyalelo yako iyinnyaniseko; bayandizingela kungeko 'ndawo; ndincede. 87 Bapantsi kundigqibela emhlabeni; koko ndingashiyanga ingxelo zako. 88 Ndipilise njengokwobubele bako; kukona ndiya kugcina isinqìnelo somlomo wako.

LAMEDE.

89 Yehova! ilizwi lako limi ezulwini kude kube ngunapakade. 90 Innyaniseko yako ikwisizukulwana ngesizukulwana: uqinisile umhlaba, wema ke. 91 Ngezigwebo zako zimi *kwada* kwanamhla; ngokuba zonke zizicaka zako. 92 Ukuba umteto wako wabungelulo uyolo lwami, ngendibubile oko ndisebunzimeni bami. 93 Andisayi kuza ndilibale ingxelo zako; ngokuba undipilisile ngazo. 94 Ndingowako, ndisindise; ngokuba ndizifunile ingxelo zako. 95 Abakohlakeleyo bandilalele ukundibubisa: *kodwa* ndokumbula izinqìnelo zako. 96 Ndibonile isipelo kuyo yonke imfezeko: *kodwa* umyalelo wako ubanzi kakulu.

MEME.

97 Hai ukutanda kwami umteto wako! kukucinga kwami wona immini yonke. 98 Wena undilumkisile ngemiyalelo yako ngapezu kwentshaba zami; ngokuba kungunapakade ikumi. 99 Ndinokuqonda ngapezu kwabafundisi bami bonke; ngokuba izinqìnelo zako zikukucinga kwami. 100 Ndinokuqiqa ngapezu kwabadala; ngokuba ndibamba ingxelo zako. 101 Ndinqandile innyawo zami kuzo zonke indhlela ezingalungileyo, ukuze ndigcine ilizwi lako. 102 Andimkanga kuzo izigwebo zako; ngokuba wena undifundisile. 103 Hai ukuba mnandi kwamazwi ako kwikuhlangubo lami! ngapezu kwabo ubusi kumlomo wami! 104 Ngazo ingxelo zako ndiyazuza ingqondo: ngako ndiyatiya zonke indhlela zobuxoki.

NUNE.

105 Ilizwi lako lisisibane ngasezinnyaweni zami, nesikanyiso ngasendhleleni yami. 106 Ndifungile, ndandiya kuqinisa, ukuba ndogcina izigwebo zako ezilungileyo. 107 Ndibulawa kakulu: ndipilise, Yehova! njengokwelizwi lako. 108 Uz' uti ke, Yehova! uyibuke iminikelo yesisa yomlomo wami, undifundise izigwebo zako. 109 Ubomi bami busesandhleni sami futi: umteto wako andiwulibali noko. 110 Abakohlakeleyo bandibekele umgibe: andilahlekene nengxelo zako noko. 111 Nditabatile izinqìnelo zako zibe lilifa lami kude kube ngunapakade; ngokuba ziluvuyiso lwenkliziyo yami. 112 Nditobele inkliziyo yami ukwenza imimiso yako ngamaxesha onke, kude kube sekupeleni.

SAMEKE.

113 Amatindala ndiyawatiya; kodwa umteto wako ndiyawutanda. 114 Nguwe indawo yami yokufihlela nekaka lami: ndiyatembela ezwini lako. 115 Mkani kumi, nina 'benzi bokungalungileyo! ngokuba ndiya kubamba imiyalelo yothixo wami. 116 Ndisekele njengokwelizwi lako, ndize ndidhle ubomi: zungandidanisi ngokwetemba lami. 117 Ndixase, wena! kukona ndiya kugcineka: ndandiya kugqala imimiso yako futi. 118 Ubalahlile bonke abalahlekana nemimiso yako: ngokuba inkohliso yabo iyinto engendawo. 119 Bonke abakohlakeleyo bomhlaba uyabapelisa *njenge*nklenga: ngako oko ndiyatanda izinqìnelo zako. 120 Innyama yami iyangcangcazela ngokwoyika wena: ngokuba ndiyoyika imigwebo yako.

AYINE.

121 Ndenzile ubugwebo nobulungisa: zungandilahleli ebabandezelini bami. 122 Yiba ngumbambiseli wesicaka sako ngako okulungileyo: abaneratshi mabangandibandezeli. 123 Amehlo ami ayapelela usindiso lwako, nelizwi lobulungisa bako. 124 Yenzela isicaka sako njengokwobubele bako, undifundise imimiso yako. 125 Ndisisicaka sako; ndiqondise, ndandiya kuzazi izinqìnelo zako. 126 Selilixesha lokuba kusebenze uYehova; *ngokuba* bewapule umteto wako. 127 Ngako oko ndiyatanda imiyalelo yako pezu kwegolide; ewe, pezu kwegolide ecokisiweyo. 128 Ngako oko zonke ingxelo *zako* ngento zonke ndivumele ukulunga kwazo: *kodwa* zonke indhlela zobuxoki ndizitiyile.



University of Fort Hare
Together in Excellence

PE.

129 Izinqìnelo zako zingummangaliso;
ngako oko umpefumlo wami uyazibamba.
130 Ukutyila kwelizwi lako kuyakanyisa;
kuyaqondisa izidenge. 131 Ndavula um-
lomo wami, ndabefula; ngokuba ndibe
ndilangazelela imiyalelo yako. 132 Beka
kumi, undipate ngofefe, njengesiko kwabo
batanda igama lako. 133 Lungisa ama-
nyatela ami ngelizwi lako: makungabi
nabukosi pezu kwami nannye inkohlakalo.
134 Ndikulule ekubandezeleni kwabantu;
ndandiya kugcina ingxelo zako. 135 U-
buso bako bukanyise pezu kwesicaka sako,
undifundise imimiso yako. 136 Imijelo
yamanzi iyehla emehlweni ami, ngokuba
bengagcini umteto wako.

TSADE.

137 Ulungile wena, YEHOVA! yinto efa-
nelekileyo nezigwebo zako. 138 Izinqìnelo
zako, ozixelileyo, zinobulungisa, zinennya-
niso kakulu. 139 Ubukwele bami bundi-
gqibile, ngokuba intshaba zami zilibele
amazwi ako. 140 Ilizwi lako licocekile
kanye; kukona isicaka sako silitandayo.
141 Ndimncinane, ndideliwe; andilibali
ingxelo zako *noko*. 142 Ubulungisa bako
bubulungisa obungunapakade, nomteto
wako uyinnyaniso. 143 Ndihlelwe bubu-
nzima noxinezeko: imiyalelo yako iluyolo
lwami *noko*. 144 Ubulungisa bezinqìnelo
zako bungunapakade: ndiqondise, udandi-
ya kudhla ubomi.

KOFE.

145 Ndabiza ngenkliziyo yonke; ndipe-
ndule, YEHOVA! ndiya kugcina imimiso
yako. 146 Ndabizela kuwe; ndisindise,
ndandiya kugcina izinqìnelo zako. 147
Ndapangela isifingo sokusa, ndadandulu-
ka: ndatembela ezwini lako. 148 Ame-
hlo ami ayapangela amavarasho *asebusuku*,
ndize ndicinge ilizwi lako. 149 Yiva ili-
zwi lami njengokwobubele bako: YEHOVA!
ndipilise njengokwogwebo lwako. 150
Basondele abo baputumayo ubumeneme-
ne: bakude nomteto wako. 151 Ukufupi
wena, YEHOVA! yonke imiyalelo yako i-
yinnyaniso. 152 Kwa kudala ndikwazile
ngazo izinqìnelo zako ukuba uzimisile kude
kube ngunapakade.

RESHE.

153 Bona ubunzima bami, undihlangule:
ngokuba ndingalibali umteto wako.
154 Tetelela ityala lami, undikulule: ndi-
pilise njengokwelizwi lako. 155 Usindiso
lukude nabakohlakeleyo; ngokuba benga-
funi imimiso yako. 156 Izibele zako zi-
ninzi, YEHOVA! ndipilise njengokwezi-
gwebo zako. 157 Baninzi abatshutshisi
bami nentshaba zami: andishenxi ezinqìne-
lweni zako *noko*. 158 Ndabona abo benza
ngobuxoki, ndadela: ngokuba bengaligci-
nanga ilizwi lako. 159 Bona ukuba ingxelo
zako ndizitandile: ndipilise, YEHOVA!
njengokwobubele bako. 160 Ilizwi lako
liyinnyaniso lipela; zonke izigwebo zako
ezilungileyo zingunapakade.

SHINE.

161 Inkosi zanditshutshisa kungeko
'nto: kodwa inkliziyo yami iloyikile ilizwi
lako. 162 Ndiyavuyela ilizwi lako, nje-
ngofumene amaxoba amakulu. 163 Ubu-
xoki ndibutiyile, ndabuzonda; *kodwa* um-
teto wako ndiwutandile. 164 Kasixenxe
ngammini 'nnye ndiyakudumisa ngennxa
yezigwebo zako ezilungileyo. 165 Bano-
xolo olukulu abo batanda umteto wako:
akuko 'sikùbekiso kubo. 166 Nditembele
usindiso lwako, YEHOVA! nemiyalelo yako
ndiyenzile. 167 Umpefumlo wami uzi-
gcinile izinqìnelo zako; ndiyazitanda ka-
kulu kanjalo. 168 Ndizigcinile ingxelo
zako nezinqìnelo zako: ngokuba zonke
indhlela zami zipambi kwako.

TAU.

169 Isikalo sami masisondele pambi
kwako, YEHOVA! ndiqondise njengokweli-
zwi lako. 170 Isikungo sami masize pa-
mbi kwako: ndihlangule njengokwelizwi
lako. 171 Umlomo wami uya kupimisela
indumiso, nxa undifundisile imimiso yako.
172 Ulwimi lwami luya kuhlabela ngeli-
zwi lako: ngokuba yonke imiyalelo yako
ibulungisa. 173 Isandhla sako masindi-
ncede: ngokuba ndiziqashile ingxelo zako.
174 Ndikanukile usindiso lwako, YEHOVA!
kanjalo umteto wako uluyolo lwami. 175
Umpefumlo wami maupile, uze ukudu-
mise; ziti izigwebo zako zindincede. 176
Ndadungudela njengegusha elahlekileyo;
funa isicaka sako; ngokuba ndingalibali
imiyalelo yako.

## ICULO CXX.

Iculo lezinyuko.

EKUBANDEZELWENI kwami nda-
biza KUYEHOVA, wandipendula ke. 2 YE-



University of Fort Hare
Together in Excellence

HOVA! hlangula umpefumlo wami emlonyeni wobuxoki, *na*selulwimini olukohlisayo. 3 Yinto nina eya kunikwa kuwe? yinto nina eya kwongezwa kuwe, lulwimindini olukohlisayo? 4 Intolo ezibukali zegora, kunye namalahle emiti yeroteme.

5 Hai ubunzima bami, ndingowasemzini kwa-Mesheki nje, ndihleli ezintenteni zakwa-Kedare! 6 Kakulu umpefumlo wami uhleli nolutiyayo uxolo. 7 Ndingowoxolo mina; kodwa nxa nditetayo, sebengabemfazwe bona.

## ICULO CXXI.

Iculo lezinyuko.

AMEHLO ami ndowapakamisela ezintabeni, apo luya kuvela kona uncedo lwami. 2 Uncedo lwami *luvela* KUYEHOVA, owenza izulu nomhlaba.

3 Akayi kuvumela ukuba kushukunyiswe unyawo lwako: okugcinayo akayi kwozela. 4 Kangela, ogcina u-Sirayeli akayi kwozela, angalali nobutongo. 5 NGUYEHOVA okugcinayo: UYEHOVA ungumtunzi wako kwesokunene sako. 6 Ilanga aliyi kukubeta emmini, nenyanga ebusuku. 7 UYEHOVA wokugcina ebubini bonke; wogcina umpefumlo wako. 8 UYEHOVA wogcina ukupuma kwako nokungena kwako, kwa kaloku nje, nakude kube ngunapakade.

## ICULO CXXII.

Iculo lezinyuko, lika-Davide.

NDAVUYA bakuti kumi: Masiye endhlwini KAYEHOVA. 2 Innyawo zetu zimi emasangweni ako, Yerusaleme!

3 I-Yerusaleme yakiwe njengesixeko esibandakanyekile kunye: 4 apo izizwe zinyukela kona, izizwe ZIKAYEHOVA, ngesinqinelo ko-Sirayeli, ukuya kubulela egameni LIKAYEHOVA. 5 Ngokuba apo kuhleli iterone zokugweba, iterone zendhlu ka-Davide.

6 Celelani i-Yerusaleme uxolo: boba sekwonwabeni abo bakutandayo. 7 Makubeko uxolo pakati kwendonga zako, *n*okwonwaba pakati kwennqaba zako. 8 Ngennxa yabazalwana bami nabahlobo bami, ndiya kuteta kę, *nditi:* Uxolo malube pakati kwako. 9 Ngennxa yendhlu KAYEHOVA, KATIXO wetu, ndokufunela okulungileyo.

## ICULO CXXIII.

Iculo lezinyuko.

NDIPAKAMISELE kuwe amehlo ami, wena uhleliyo ezulwini! 2 Bona ke, njengamehlo ezicaka ngasesandhleni senkosi zazo, *na*njengamehlo esicakakazi ngasesandhleni senkosikazi yaso, anjalo amehlo etu ngakuye UYEHOVA, UTIXO wetu, ade abe nofefe pezu kwetu. 3 Yiba nofefe kuti, YEHOVA! yiba nofefe kuti: ngokuba sikolisile kakulu ukudelwa. 4 Umpefumlo wetu ukolisile kakulu ukuhlekwa ngabo bangenakukatala, *n*okudelwa ngabo baneratshi.

## ICULO CXXIV.

Iculo lezinyuko, lika-Davide.

UKUBA ebengeNGUYEHOVA obeko kuti, (makatsho ke u-Sirayeli,) 2 ukuba ebengeNGUYEHOVA obeko kuti, nxa basisukelayo abantu; 3 ngebete oko basiginya sihleli, nxa umsindo wabo wabuvuta ngakuti: 4 oko amanzi ngeesintywilisile; umsinga ngeedhlule pezu kwompefumlo wetu: 5 oko ngeedhlule pezu kwompefumlo wetu amanzi akukumeleyo.

6 Makabongwe UYEHOVA, ongasinikelanga emazinyweni abo sibe yinto yokuqwengwa. 7 Umpefumlo wetu usindile njengentaka esigwini sabatiyeli: isigu sapukile, sasinda ke tina. 8 Uncedo lwetu lusegameni LIKAYEHOVA, owenza izulu nomhlaba.

## ICULO CXXV.

Iculo lezinyuko.

ABO batembela KUYEHOVA banjengentaba ye-Ziyone, engenakushukunyiswa, ihleli ngonapakade nje. 2 Intaba ziyangqonga i-Yerusaleme; kwa njalo UYEHOVA uyangqonga abantu bake, kwa kaloku nje, nakude kube ngunapakade. 3 Ngokuba intonga yabakohlakeleyo ingayi kupumla eqashisweni labalungileyo; hleze abalungileyo bolule izandhla zabo ngasenkohlakalweni.

4 Yenza okulungileyo, YEHOVA! kwabalungileyo, nakwabo balungisekile ezintliziyweni zabo. 5 Abo bapambukelayo ngasezindhleleni zabo ezigoso, UYEHOVA uya kubemkisa ndawonye nabenzi benkohlakalo: *kodwa* uxolo lwoba pezu kwo-Sirayeli.



University of Fort Hare
Together in Excellence

## ICULO CXXVI.
Iculo lezinyuko.

NXA UYEHOVA ebebuyisa ukutinjwa
kwe-Ziyone, besinjengabo bapupayo. 2
Wandula umlomo wetu wazala 'kuhleka,
nolwimi lwetu *lwazala* 'kugcoba: bandula
bati pakati kwabaheyideni: UYEHOVA ube-
nzele into ezinkulu. 3 UYEHOVA usenzele
into ezinkulu; singabavuyayo *ngoko.*
4 Buyisa ukutinjwa kwetu, YEHOVA!
njengemilanjana esesuyide. 5 Abo ba-
hlwayelayo ngennyembezi, baya kuvuna
ngomgcobo. 6 Opumayo ehamba elila,
etwele inklwayelelo yembewu, wobuya
eze ngokugcoba, etwele izitungu zake.

## ICULO CXXVII.
Iculo lezinyuko, lika-Solomone.

NXA UYEHOVA angaki indhlu, bofumana
basebenze abo bayakayo; nxa UYEHOVA
angagcini isixeko, wofumana apapame um-
lindi. 2 Nofumana nivuke kwa kusasa,
nihlale kude kube sebusuku, nidhle isonka
senklungu: kwa njalo uyanika umtandwa
wake ubutongo.
3 Kangela, abantwana balilifa livela
KUYEHOVA; isixakato sesizalo singumvuzo
*wake.* 4 Njengentolo esandhleni segora,
banjalo abantwana bobutsha *bomntu.* 5
Hai itamsanqa lendoda empongolo uzele
ngabo! abayi kudaniswa, nxa baya kuteta
nentshaba esangweni.

## ICULO CXXVIII.
Iculo lezinyuko.

HAI itamsanqa losukuba emoyika U-
YEHOVA, ohambayo ezindhleleni zake! 2
Ngokuba uya kudhla inzuzo yezandhla
zako; woba netamsanqa, kwakuya kulu-
nga kuwe. 3 Umfazi wako woba nje-
ngomti weveyine oqamileyo, emacaleni
endhlu yako; abantwana bako boba njenge-
mitana yomnquma, bengqonga itafile yako.
4 Kangela, kukwa njalo ke iya kutanyu-
sanqeliswa indoda emoyikayo UYEHOVA. 5
UYEHOVA wokutamsanqelisa kwa se-Ziyone;
wauya kubona ukulunga kwe-Yerusaleme
yonke imihla yokudhla kwako ubomi. 6
Ewe, uya kubona abantwana babantwana
bako, *kwa n*oxolo pezu kwo-Sirayeli.

## ICULO CXXIX.
Iculo lezinyuko.

KUKANINZI bendibandezele kwa se-
butsheni bami; (makatsho ke u-Sirayeli;)
2 kukaninzi bendibandezele kwa sebutshe-
ni bami; abandoyisanga noko. 3 Abapu-
lushi bapulusha emhlana wami; benza
mide imiqela yabo. 4 UYEHOVA ulungile:
uzitshecile intambo zabakohlakeleyo.
5 Mabadaniswe, banqandelwe ngomva,
bonke abo batiya i-Ziyone. 6 Mababe
njengennca pezu kwezindhlu, ebunayo
ingekancotulwa; 7 ati umsiki angazalisi
isandhla sake ngayo, nobopayo izitungu
*angazalisi* isifuba sake; 8 bangatsho nabo
badhlulayo ukuti: Isitamsanqeliso SIKA-
YEHOVA masibe pezu kwenu; siyanitamsa-
nqelisa egameni LIKAYEHOVA.

## ICULO CXXX.
Iculo lezinyuko.

KWA sezinzulwini ndibizile kuwe, YE-
HOVA! 2 NKOSI! yiva ilizwi lami: ma-
zibe indhlebe zako zipulapuleka ezwini
lezikungo zami.
3 Nxa wena, YEHOVA! ubuya kunakana
izikohlakalo, ngekuma 'banina, NKOSI? 4
Kodwa kukuwe ukuxolela, ukuze ube no-
kwoyikwa.
5 Ndiyalinda UYEHOVA, uyalinda umpe-
fumlo wami, nasezwini lake ndiyatemba.
6 Umpefumlo wami *ulind*ela INKOSI, nga-
pezu kwabalindi bokusa, belindela ukusa.
7 Temba, Sirayeli! KUYEHOVA: ngokuba
KUYEHOVA kuko ububele, nakuye kuko
inkululo enninzi. 8 Waeya kukulula u-
Sirayeli kuzo zonke izikohlakalo zake.

## ICULO CXXXI.
Iculo lezinyuko, lika-Davide.

YEHOVA! inkliziyo yami ayiratshile,
namehlo ami akapakamile: andihambi no-
kuhamba ezintweni ezinkulu, nasezintweni
ezindikohlayo ngokuba ngummangaliso. 2
Ngennyaniso ndilungiselele ndatutuzela
umpefumlo wami, njengomntwana okunyu-
lweyo kunina! umpefumlo wami pakati
kwami unjengomntwana okunyulweyo. 3
Temba, Sirayeli! KUYEHOVA, kwa kaloku
nje, nakude kube ngunapakade.

## ICULO CXXXII.
Iculo lezinyuko.

YEHOVA! kumbula u-Davide, *nako*
konke ukubandezelwa kwake; 2 okokuba
wafunga UYEHOVA, wenza isibambiso KU-
SOMANDHLA ka-Yakobi: 3 Ngennyaniso
andiyi kungena ententeni yendhlu yami,



University of Fort Hare
Together in Excellence

andiyi kunyukela ekoyeni yesilili sami, 4
andiyi kunika amehlo ami ubutongo, *nen*-
kope zami ukwozela, 5 ndide ndifumanele
UYEHOVA indawo, NOSOMANDHLA ka-Yakobi
itabanakele.
6 Kangela, sayiva e-Eferata; sayifuma-
na ezindhle zasehlatini. 7 Masingene eta-
banakeleni yake, sibedeshe esitulweni sen-
nyawo zake. 8 Pakama, YEHOVA! uze
ekupumleni kwako, wena netyeya yama-
ndhla ako: 9 abaperisite bako mabambate
ubulungisa, nabangcwele bako mabadandu-
luke ngovuyo. 10 Ngennxa ka-Davide,
isicaka sako, zungasongi ubuso bomtanji-
swa wako.
11 UYEHOVA ufungile ngennyaniso ku-
Davide; akayi kuguquka kuyo: Owenzalo
yomzimba wako ndiya kumbeka eteroneni
yako. 12 Nxa onyana bako baya kugcina
ucebano lwami, nesinqinelo sami endiya
kubafundisa sona, onyana babo nabo bo-
hlala eteroneni yako kude kube ngunapa-
kade. 13 Ngokuba UYEHOVA eqashile i-
Ziyone; uyinqwenele ibe yindawo yake
yokuhlala, *esiti:* 14 Yeyokupumla kwami
le kude kube ngunapakade: ndohlala apa,
ngokuba ndiyinqwenele. 15 Ukudhla
kwayo ndokutamsanqelisa kakulu; ama-
hlwempu ayo ndowakolisa ngesonka. 16
Kanjalo abaperisite bayo ndobavatisa ngo-
sindiso; nabangcwele bayo bodanduluka
kakulu ngovuyo. 17 Apo ndiya kuhlu-
misa upondo luka-Davide: ndilungisele
umtanjiswa wami isibane. 18 Intshaba
zake ndozivatisa ngedano; kodwa pezu
kwake siya kutyatyamba isitsaba sake.

## ICULO CXXXIII.

Iculo lezinyuko, lika-Davide.

KANGELA, ukulunga ke nokuba mna-
ndi ke kwokuhlala kwabazalwana kwa nda-
wonye! 2 Kunjengeoli enqabileyo pezu
kwenkloko, eyehlela eludevini, eludevini
luka-Arone; eyehlela ebenqweni lengubo
zake: 3 kunjengombete wase-Heremone,
*nanjengo*busihla pezu kwentaba ze-Ziyone:
ngokuba apo UYEHOVA waxela kubeko ita-
msanqa, kwa ukudhliwa kwobomi kude
kube ngunapakade.

## ICULO CXXXIV.

Iculo lezinyuko.

KANGELA, bongani UYEHOVA, nonke
nina 'zicaka ZIKAYEHOVA, enimiyo endhlwi-
ni KAYEHOVA ebusuku! 2 Pakamisani iza-
ndhla zenu endaweni eyingcwele, nimbo-
nge UYEHOVA.
3 UYEHOVA wokutamsanqelisa kwa se-
Ziyone, owenzayo izulu nomhlaba.

## ICULO CXXXV.

DUMISANI UYEHOVA!—Dumisani iga-
ma LIKAYEHOVA; dumisani, nina 'zicaka
ZIKAYEHOVA! 2 nina nimiyo endhlwini
KAYEHOVA, *nase*makusini endhlu YOTIXO
wetu! 3 Dumisani UYEHOVA, ngokuba
UYEHOVA elungile; culani kwigama lake,
ngokuba limnandi.
4 Ngokuba UYEHOVA eqashile u-Yakobi
abe yeyake, *no*-Sirayeli abe yinto enqabi-
leyo kuye. 5 Ngokuba ndisazi ukuba u-
YEHOVA umkulu, *nokuba* INKOSI yetu ipezu
kwotixo bonke. 6 Konke owakutandayo
UYEHOVA ukwenzile, ezulwini nasemhla-
beni, elwandhle nasezinzulwini zonke. 7
Uyenyusa amafu esipelweni somhlaba;
uyenza imibane kunye nemvula; uyave-
lisa umoya ezimbekelweni zake.
8 Owabeta amazibulo ase-Jipete, nawa-
bantu nawenkomo: 9 watuma imiqondiso
nemimangaliso pakati kwako, Jipete! pezu
kwo-Faro, napezu kwazo zonke izicaka
zake. 10 Owabeta izizwe ezikulu, wabu-
lala okumkani abanamandhla: 11 u-Sihone
ukumkani waba-Amori, no-Hogi ukumka-
ni we-Bashane, nabo bonke ubukumkani
base-Kanane; 12 wanika umhlaba wabo
ube lilifa, ube lilifa ko-Sirayeli abantu
bake.
13 Igama lako, YEHOVA! lingunapakade;
isikumbuzo sako, YEHOVA! sikwisizuku-
lwana ngesizukulwana. 14 Ngokuba UYE-
HOVA eya kutetelela abantu bake, abe no-
sizi pezu kwezicaka zake.
15 Izitixo zabaheyideni zezesilivere ne-
golide, umsebenzi wezandhla zabantu. 16
Zinemilomo, kanti aziteti; zinamehlo,
kanti aziboni; 17 zinendhlebe, kanti azi-
va; kanjako akuko umpefumlo emilonyeni
yazo. 18 Abo bazenzayo bayafana nazo;
*nabo* bonke abatembela kuzo.
19 Bongani UYEHOVA, ndhlu ka-Sirayeli!
bongani UYEHOVA, ndhlu ka-Arone! 20
bongani UYEHOVA, ndhlu ka-Levi! bongani
UYEHOVA, nina nimoyikayo UYEHOVA! 21
Makabongwe UYEHOVA kwa se-Ziyone, omi-
yo e-Yerusaleme.—Dumisani UYEHOVA.

## ICULO CXXXVI.

BULELANI KUYEHOVA, ngokuba elu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngile : ngokuba ububele bake bungunapa-
kade. 2 Bulelani KUTIXO katixo : ngo-
kuba ububele bake bungunapakade. 3
Bulelani KWINKOSI kankosi : ngokuba ubu-
bele bake bungunapakade.
4 Kwa kuye owenza yedwa imimanga-
liso emikulu : ngokuba ububele bake bu-
ngunapakade. 5 Kwa kuye owenza izulu
ngengqondo : ngokuba ububele bake bu-
ngunapakade. 6 Kwa kuye owatwabulula
umhlaba pezu kwamanzi : ngokuba ubu-
bele bake bungunapakade. 7 Kwa kuye
owenza izikanyiso ezikulu : ngokuba ubu-
bele bake bungunapakade : 8 ilanga loku-
pata emmini : ngokuba ububele bake bu-
ngunapakade : 9 innyanga nenkwenkwezi
zokupata ebusuku : ngokuba ububele bake
bungunapakade.
10 Kwa kuye owabeta ama-Jipete ema-
zibulweni awo : ngokuba ububele bake
bungunapakade : 11 waza wakupa u-Sira-
yeli pakati kwawo : ngokuba ububele bake
bungunapakade : 12 ngesandhla esomele-
leyo, nangengalo eyolulweyo : ngokuba
ububele bake bungunapakade. 13 Kwa
kuye owahlula ulwandhle olubomvu lube
zizahluko : ngokuba ububele bake bungu-
napakade : 14 waza waweza u-Sirayeli pa-
kati kwalo : ngokuba ububele bake bungu-
napakade : 15 kodwa wavutulula u-Faro
nempi yake elwandhle olubomvu : ngoku-
ba ububele bake bungunapakade.
16 Kwa kuye owakokela abantu bake
enklango : ngokuba ububele bake bungu-
napakade. 17 Kwa kuye owabeta oku-
mkani abakulu : ngokuba ububele bake
bungunapakade : 18 nowabulala okumkani
abadumileyo : ngokuba ububele bake bu-
ngunapakade : 19 u-Sihone ukumkani wa-
ba-Amori : ngokuba ububele bake bungu-
napakade : 20 no-Hogi ukumkani we-
Bashane : ngokuba ububele bake bunguna-
pakade : 21 wanika umhlaba wabo ube
lilifa : ngokuba ububele bake bungunapa-
kade : 22 ube lilifa ku-Sirayeli isicaka sake :
ngokuba ububele bake bungunapakade.
23 Osikumbuleyo ebupantsini betu :
ngokuba ububele bake bungunapakade :
24 wasikulula ezintshabeni zetu : ngokuba
ububele bake bungunapakade.
25 Owamkelisa yonke innyama uku-
dhla : ngokuba ububele bake bungunapa-
kade.
26 Bulelani kuye UTIXO wezulu : ngoku-
ba ububele bake bungunapakade.

## ICULO CXXXVII.

NGASEMILANJENI yase-Babilone,
kwa lapo sahlala pantsi ke, salila nokulila,
sakukumbula i-Ziyone. 2 Ikinore zetu sa-
zixòma pezu kwemineuluba pakati kwayo.
3 Ngokuba kwa lapo abo basitimbileyo ba-
biza kuti amazwi eculo; nabo basipangi-
leyo *babiza* kuti umgcobo, *besiti :* Sivumele-
ni kwamaculo ase-Ziyone.
4 Soti nina ukuvuma iculo LIKAYEHOVA
ezweni lasemzini? 5 Nxa ndikulibalayo,
Yerusaleme ! masilibale isandhla sami
sokunene. 6 Nxa ndingakukumbuliyo,
ulwimi lwami maluti nama ekuhlangubo
lami ; nxa i-Yerusaleme ndingayibeki pe-
zulu ekuvuyeni kwami.
7 Kumbula, YEHOVA ! onyana baka-
Edome emhleni we-Yerusaleme ; abati :
Hlubani, hlubani, kude kube sekusekweni
kwayo. 8 Wena 'ntombi yase-Babilone,
oza kucitakàliswa ! woba netamsanqa
opindezela kuwe ukwenza kwako owa-
bukwenza kuti. 9 Woba netamsanqa
ozibamba intsana zako azityumze ngase-
matyeni.

## ICULO CXXXVIII.

Elika-Davide.

NDOKUDUMISA ngayo yonke inkli-
ziyo yami : ebusweni babo otixo ndocu-
lela wena. 2 Ndobedesha ngasetempileni
yako eyingcwele, ndidumise igama lako
ngennxa yobubele bako nangennxa yen-
nyaniso yako : ngokuba ilizwi lako ulenzile
elikulu ngapezu kwalo lonke igama lako.
3 Emhleni ndabizayo wandula wandipe-
ndula ; wandomeleza ngamandhla empe-
fumlweni wami.
4 Bonke okumkani bomhlaba bokudu-
misa, YEHOVA ! bakuba bevile amazwi omlo-
mo wako. 5 Ewe, bovuma ngazo indhlela
ZIKAYEHOVA : ngokuba bukulu ubungcwa-
lisa BUKAYEHOVA.
6 Nakuba epakamile UYEHOVA, wobona
abapantsi noko ; kodwa abaneratshi uya-
bazi ekude. 7 Nxa ndihamba pakati kwo-
bunzima, wondipilisa ; uya kwolula isa-
ndhla sako ngakuwo umsindo wentshaba
zami, sasiya kundisindisa isandhla sako
sokunene. 8 UYEHOVA uya kufeza oku-
ngami : ububele bako, YEHOVA ! bunguna-
pakade ; zungayeki imisebenzi yezako
izandhla.



University of Fort Hare
Together in Excellence

## ICULO CXXXIX.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu.

YEHOVA ! undipengulule, wandazi.
2 Uyazi ukuhlala pantsi kwami nokusuka
kwami : inkumbulo yami uyayiqonda uku-
de. 3 Uyabenca ukuhamba kwami noku-
lala kwami ; uyazana nazo zonke indhlela
zami. 4 Nxa kunge*ka*biko 'lizwi elulwi-
mini lwami, bona ke, ugqibele ukulazi,
YEHOVA ! 5 Undivimbele nasemva napa-
mbili, wabeka isandhla sako pezu kwami.
6 Ukwazi *okunjalo* kundeyisile ngokuba
ngummangaliso ; kupezulu, ndikohliwe
kuku*fikela*.
7 Ndoya pina ukumka kumoya wako ?
ndoya pina ukubaleka ebusweni bako ?
8 Nxa ndinyukela ezulwini, ukona ; nxa
ndizandhlalela ehadesi, nanku *ukona*. 9
*Nxa* nditabata amapiko okusa, ndihlale
ekupeleni kwolwandhle, 10 kwa kona isa-
ndhla sako sondikokela, nesokunene sako
sondibamba. 11 Ukuba nditi : Ngennya-
niso ubumnyama buya kundiselela ; kwa
ubusuku boba kukukanya ngakumi. 12
Ewe, ubumnyama abumnyama pambi kwa-
ko ; ubusuku buyakanya njengemmini :
njengokuba bunjalo ubumnyama kunjalo
ukukanya *kuwe*.
13 Ngokuba wena ufuyile izintso zami ;
wandigubungela esizalweni sikamá. 14
Ndokudumisa ; ngokuba ngendawo eyoyi-
kekileyo ndenziwe ngokungummangaliso :
imisebenzi yako yeyokutelwa nqa ; oko
umpefumlo wami uyakwazi kakulu. 15
Upahla lwami belungasitele kuwe, okuya
ndandisenziwa 'emfihlekweni, ndacikizwa
emazantsi omhlaba. 16 Amehlo ako abona
imbumbulo yami ingekalungiswa ; nasen-
ncwadini yako bekubàlwa onke *amalungu
ami*, nemihla abedalwa ngayo, nxa beku-
ngeko nalinye pakati kwawo. 17 Kanjalo
kumi zinqabile kangakananina inkumbulo
zako, TIXO ! likulu kangakananina inani
lazo ! 18 *Nxa* ndibe ndiya kuzibala, zigqi-
tisile nenklabati ngokuba zininzi : nxa
ndivukayo, ndisenawe.
19 Ngennyaniso uya kubulala abakohla-
keleyo, TIXO ! Mkani kumi ngoko, nina
'bantu begazi ! 20 Ngokuba beteta ngawe
ngobumenemene ; intshaba zako zifumana
zibiza *igama lako*. 21 Andibatiyi na, YE-
HOVA ! abakutiyayo ? nabo basukela nga-
kuwe andibadeli na ? 22 Ndiyabatiya
ngentiyo efezekileyo ; bazintshaba kumi.
23 Ndipengulule, TIXO ! uze uyazi inkli-
ziyo yami ; ndilinge, uze uzazi izicingo
zami ; 24 ubone nokuba kuko kumi in-
dhlela engendawo, undikokele endhleleni
engunapakade.

## ICULO CXL.

Iculo lika-Davide, libàlelwe umhlabeli omkulu.

NDIKULULE, YEHOVA ! kumntu onga-
lungileyo ; ndiloudoloze kwindoda yobu-
dhlwengu ; 2 abaqingayo ububi enkli-
ziyweni : imihla yonke bayabutelana *be-
funa* imfazwe. 3 Babazile ilwimi zabo
njengennyoka ; ubuhlungu beramba buse-
milonyeni yabo. Sela. 4 Ndigcine, YE-
HOVA ! ezandhleni zokohlakeleyo ; ndi-
londoloze kwindoda yobudhlwengu ; aba-
qingileyo ukusunduzela pantsi amanyatela
ami. 5 Abaneratshi bandifihlele isibata,
neutambo ; bandhlale utambo ngasecaleni
lendhlela ; bandibekele imigibe. Sela.
6 Ndati KUYEHOVA : UNGUTIXO wami
wena. Pulapula, YEHOVA ! ilizwi leziku-
ngo zami. 7 YEHOVA OYINKOSI, mandhla
osindiswa lwami ! wagubungela inkloko
yami ngemmini yokulwa. 8 YEHOVA ! zu-
ngavumeli inkanuko zokohlakeleyo ; zu-
ngahambisi iqinga lake ; *hleze* bazipaka-
mise. Sela.
9 Abayinkloko yabandingqongayo ubu-
bi beyabo imilomo bobagubungela. 10
Amalahle esitsha aya kuhliswa pezu kwa-
bo : baya kuposwa emlilweni ; emibitini,
bangabi sabuya bavuke. 11 Inklebi ayiyi
kuqiniselwa emhlabeni : isidhlwengu so-
zingelwa yingozi ide iseyelisele.
12 Ndiyazi ukuba UYEHOVA uya kulu-
ngisa ityala lehlwempu, nebango labaswe-
leyo. 13 Ngennyaniso abalungileyo baya
kubulela egameni lako ; abayinnene bo-
hlala ebusweni bako.

## ICULO CXLI.

Iculo lika-Davide.

YEHOVA ! ndiyabiza kuwe ; kauleza
ukuza kumi : pulapula ilizwi lami, ndaku-
biza kuwe. 2 Umtandazo wami maulungi-
selelwe pambi kwako *njenge*siqumiso ; *no*-
kupakanyiswa kwezandhla zami *njeng*omni-
kelo wokuhlwa.
3 Misa umlindo, YEHOVA ! ngasemlo-
nyeni wami ; gcina umnyango womlomo
wami. 4 Inkliziyo yami ungayitobeli
entweni engalungileyo, ukwenza izenzo
ezikohlakeleyo kunye namadoda akwenza-



University of Fort Hare
Together in Excellence

yo okungendawo: mandingadhli nezimna-
ndi zawo.
5 Olungileyo makandibete, kwoba 'bu-
bele *oko;* makandohlwaye kanjalo, kwoba
yioli yenkloko, *e*ngayi kwaliwa yinkloko
yami: ngokuba kuseko nomtandazo wami
ngasebubini bawo. 6 Abagwebi bawo ba-
kahlelwa pantsi emacaleni eliwa; kwaza
kwaviwa amazwi ami, ukuba amnandi.
7 Amatambo etu atiwe sa ngasemlo-
nyeni wenewaba, njengokungati bekunqu-
nyulwe kwacandwa *inkuni* emhlabeni.
8 Koko amehlo ami angakuwe, YEHOVA
OYINKOSI! nditembile wena; zungahlubi
umpefumlo wami. 9 Ndigcine ezibateni
banditiyele ngazo, nasemigibeni yabenzi
bokungendawo. 10 Abakohlakeleyo ma-
bawe kwezabo intambo, nxa ndidhlula
kanye mina.

## ICULO CXLII.

Elika-Davide, lokuqondisa; umtandazo nxa ebe-
semqolombeni.

NDALILELA KUYEHOVA ngelizwi lami;
ndataruzisa KUYEHOVA ngelizwi lami. 2
Ndapalaza isikalazo sami ebusweni bake;
ndashumayela ubunzima bami pambi kwa-
ke. 3 Nxa ummoya wami ubucubukile
pakati kwami, wandula wayazi wena
indhlela yami. Endhleleni endihamba
ngayo, bandifihlele isibata. 4 Kangela
ngasekunene, ubone; kodwa akuko 'mntu
ondaziyo: ndibujelwe yindawo yokupe-
pela; akuko 'mntu okatalela umpefumlo
wami.
5 Ndalilela kuwe, YEHOVA! ndati:
Nguwe indawo yami yokupepela, *n*esabe-
lwa sami emhlabeni wabapilileyo. 6 Pu-
lapula isikalo sami; ngokuba nditotyelwe
pantsi kakulu: ndihlangule kwabandi-
tshutshisayo; ngokuba bendigqitisile nga-
mandhla. 7 Kupa umpefumlo wami ento-
longweni, ndize ndidumise igama lako:
abalungileyo baya kundipahla, nxa uya
kundivuza.

## ICULO CXLIII.

Iculo lika-Davide.

YIVA umtandazo wami, YEHOVA! beka
indhlebe ekutaruziseni kwami: ndipendu-
le ngennyaniseko yako *na*ngobulungisa
bako. 2 Uze ungangeni ekugwebeni kwi-
sicaka sako; ngokuba kungalungile ebu-
sweni bako namnye ohleliyo. 3 Ngokuba
utshaba lutshutshisile umpefumlo wami;
luncinezele ubomi bami ngasemhlabeni;
lundihlalisile ezindaweni ezimnyama, nje-
ngabakade befile. 4 Ngako ummoya wami
ucubukile pakati kwami; inkliziyo yami
imatile pakati kwami. 5 Ndiyakumbula
imihla yakudala; ndiyacinga yonke imi-
sebenzi yako; ndiyacamanga umsebenzi
wezandhla zako. 6 Izandhla zami ndiya-
zolulela kuwe; umpefumlo wami unjenge-
lizwe elomileyo *ukunxanelwa* wena. Sela.
7 Ndipendule kamsinyane, YEHOVA!
ummoya wami uyapela: zungandifihleli
ubuso bako, hleze ndifane nabahlele esi-
hogweni. 8 Ndivise ububele bako kwa
kusasa; ngokuba nditembele kuwe: nda-
zise indhlela endiya kuhamba ngayo; ngo-
kuba ndipakamisele kuwe umpefumlo wami.
9 Ndikulule ezintshabeni zami, YEHOVA!
ndiyazimela kuwe. 10 Ndifundise ukwe-
nza ngentando yako; ngokuba UNGUTIXO
wami: umoya wako ulungile; ndikokele
ezweni elilungeleleneyo. 11 Ngennxa ye-
gama lako, YEHOVA! ndipilise: ngennxa
yobulungisa bako kupa umpefumlo wami
ekubandezelweni. 12 Nangobubele bako
banqamle intshaba zami, utshabalalise bo-
nke abo babandezela umpefumlo wami;
ngokuba ndisisicaka sako.

## ICULO CXLIV.

Elika-Davide.

MAKABONGWE UYEHOVA, ilityekazi
lami; ofundisa izandhla zami imfazwe, *ne*-
minwe yami ukulwa; 2 ububele bami,
nennqaba yami; innyango yami, nomku-
luli wami; ikaka lami, nonditemba yena;
obeyisayo abantu bami pantsi kwami.
3 YEHOVA! uyinto nina umntu, lento uma-
ziyo? *uyinto nina* unyana womntu, lento
umnyamekelayo? 4 Umntu uyafana no-
kungento; imihla yake injengesitunzi esi-
mkayo.
5 YEHOVA! toba izulu lako, uhle; cu-
kumisa intaba, ziqume umsi ke. 6 Bane-
kisa imibane, ubacite; tola ngentolo zako,
ubapitizelise. 7 Yolulisa isandhla sako
kwa pezulu; ndikulule, undihlangule ema-
nzini amaninzi, esandhleni sabasemzini;
8 abamlomo uteta okungendawo, nesoku-
nene sabo sesokunene sobuxoki.
9 TIXO! iculo elitsha ndolivuma kuwe;
ngenebele entambo zilishumi ndoculela
wena; 10 obanikayo ulwoyiso okumkani;
okululayo u-Davide, isicaka sake, esireleni
esenzakalisayo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

11 Ndikulule, undihlangule esandhleni
sabasemzini, abamlomo uteta okungenda-
wo, nesokunene sabo sesokunene sobuxoki :
12 ukuba onyana betu babe njengezityalo
bekulisiwe ebutsheni babo ; ziti intombi ze-
tu zibe njengentsika zegumbi, ziqingqiwe
ngokufana nezendhlu yokumkani ; 13 ziti
izisele zetu zibe zizele, zivelisa ngenklo-
bo ngenklobo ; ziti igusha zetu zizale
ngamawaka *na*ngamawakawaka ezindhleni
zetu ; 14 ziti inkabi zetu zibe zomelele
ukutwala ; kungabiko ukutyobozela pa-
kati, kungabiko nokupumela pandhle ; ku-
ngabiko nokukala ezitarateni zetu.
15 Hai itamsanqa labantu okukwa njalo
kubo ! hai itamsanqa labantu abaTIXO u-
NGUYEHOVA !

## ICULO CXLV.

Elika-Davide, lokudumisa.

NDOKUPAKAMISA, TIXO wami, Ku-
mkani ! ndandiya kubonga igama lako kude
kube ngunapakade. 2 Ngemihla yonke
ndokubonga ; ndandiya kudumisa igama
lako kude kube ngunapakade. 3 Umkulu
UYEHOVA ; ulungel' ukudunyiswa kakulu ;
ubukulu bake abunakupengululwa. 4 Esi-
nye isizukulwana siya kuncoma imisebenzi
yako kwesinye, sishumayele izenzo zako
zamandhla. 5 Ndiya kuteta ngodumo olu-
bungcwalisa lwobungangamsha bako, na-
ngendawo zemimangaliso yako. 6 Baya
kutyela amandhla ezenzo zako ezoyikeka-
yo ; ndandiya kubalisa ubukulu bako. 7
Baya kukolisa ukuxela inkunjulwa yobu-
bele bako obuninzi, badumise ubulungisa
bako ngovuyo.
8 UYEHOVA unofefe nenceba ; uqumba
kade, enobubele obukulu. 9 UYEHOVA
ulungile kubo bonke ; nenceba zake zipe-
zu kwayo yonke imisebenzi yake. 10 Yo-
nke imisebenzi yako yokudumisa, YEHOVA !
nabangcwele bako bokubonga. 11 Baya
kutyela ubungcwalisa bobukumkani bako,
batete ngamandhla ako : 12 ukwazisa ko-
nyana babantu izenzo zake zamandhla,
nobungcwalisa bodumo lwobubumkani
bako. 13 Ubukumkani bako bubuku-
mkani obungunapakade ; nobukosi bako
bobesizukulwana ngesizukulwana.
14 UYEHOVA uyasekela bonke abawayo ;
uyabapakamisa bonke abatotyiweyo. 15
Amehlo abo bonke ayakangela kuwe ;
uyabamkelisa ukutya kwabo ngexesha lako.
16 Uyavula isandhla sako, ukolise intando
yako konke okuhleliyo. 17 UYEHOVA uno-
bulungisa kuzo zonke indhlela zake ; uno-
bubele kuyo yonke imisebenzi yake.
18 UYEHOVA ukufupi kubo bonke abam-
bizayo, kubo bonke abambizayo ngennya-
niso. 19 Intando yabamoyikayo woyife-
za ; nesikalo sabo uya kusiva, abasindise.
20 UYEHOVA uyabagcina bonke abamtanda-
yo ; kodwa abakohlakeleyo bonke uya
kubatshabalalisa. 21 Umlomo wami uya
kuteta udunyiswa LUKAYEHOVA : maluti
uluntu lwonke lubonge igama lako eli-
ngcwele kude kube ngunapakade.

## ICULO CXLVI.

DUMISANI UYEHOVA !—Dumisa UYEHO-
VA, mpefumlo wami ! 2 Ndiya kudumisa
UYEHOVA ngexa ndisadhla ubomi ; ndiya
kucula KUTIXO wami ngexa ndiseko. 3 Mu-
sani kutembela ezinkosini, *na*kunyana wo-
luntu, ekungeko 'lusizo kuye. 4 Ummoya
wake uyapuma, abuyele emhlabeni wake ;
kwa ngalommini ayatshabalala amaqinga
ake.
5 Hai itamsanqa loncedo luNGUTIXO ka-
Yakobi, lotemba liKUYEHOVA UTIXO wake !
6 owenza izulu nomhlaba, ulwandhle na-
ko konke okukulo ; oyigcinayo innyaniso
kude kube ngunapakade ; 7 owenzela aba-
bandezelweyo umgwebo ; owamkelisa aba-
lambileyo ukutya. UYEHOVA uyakulula
amabanjwa ; 8 UYEHOVA uyatyila *amehlo*
emfama ; UYEHOVA uyapakamisa abatotyi-
weyo ; UYEHOVA uyatanda abalungileyo ;
9 UYEHOVA uyagcina abasemzini ; uyaxasa
inkedama nomhlolokazi : kodwa indhlela
yabakohlakeleyo uyayipenula. 10 UYE-
HOVA uya kupata ngobukumkani kude kube
ngunapakade ; kwa UTIXO wako, Ziyone !
kwisizukulwana ngesizukulwana.—Dumi-
sani UYEHOVA !

## ICULO CXLVII.

DUMISANI UYEHOVA ! ngokuba kulu-
ngile ukucula KUTIXO wetu ; ngokuba
kumnandi ; indumiso yinto efanelekile-
yo. 2 UYEHOVA uyaka i-Yerusaleme ;
abalahliweyo bakwa-Sirayeli uyababuta.
3 Uyapilisa abanklizivo zigqobokileyo ;
uyazibopa inklungu zabo. 4 Uyabala inani
lenkwenkwezi ; uyazibiza zonke ngama-
gama. 5 INKOSI yetu inkulu, inamandhla
amakulu ; ingqondo yayo ipezu kwemba-
liso. 6 UYEHOVA uyapakamisa abalulami-



University of Fort Hare
Together in Excellence

leyo; uyatobisa abakohlakeleyo kude kube
semhlabeni.
7 Hlabelanani KUYEHOVA ngombulelo;
culani KUTIXO wetu ngekinore; 8 osibeke-
lisa izulu ngamafu, olungisela umhlaba
imvula, ohlumisa utyani ezintabeni. 9
Uyamkelisa inkomo ukutya kwazo, *nama-*
tole onomyai alilayo. 10 Akavuyi ngama-
ndhla ehashe; akakoliswa yimilenze yen-
doda. 11 UYEHOVA uyakoliswa ngabamo-
yikayo, ngabatembayo ebubeleni bake.
12 Bonga UYEHOVA, Yerusaleme! dumisa
UTIXO wako, Ziyone! 13 Ngokuba eyo-
melezile imivalo yamasango ako, watamsa-
nqelisa usapo lwako pakati kwako. 14
Uyenza uxolo emideni yako; uyakukolisa
ngennqolowa etyebileyo. 15 Uyatuma
isiteto sake emhlabeni; ilizwi lake liya-
baleka ngokunxama kakulu. 16 Uyanika
ingqweqwe njengoboya; uyahlwayela in-
gqele emhlope njengotutu. 17 Uyaposa
iliqwa lake njengamaqekeza: ngubanina
onokuma pambi kwengqele yake? 18 U-
yatuma ilizwi lake, zinyibilike; uyavute-
lisa ummoya wake, ele amanzi. 19 Uya-
xela amazwi ake ku-Yakobi, imimiso yake
nezigwebo zake ku-Sirayeli. 20 Akenjanga
njalo kwesinye isizwe: nezigwebo zake
abazazanga.—Dumisani UYEHOVA!

## ICULO CXLVIII.

DUMISANI UYEHOVA!—Dumisani UYE-
HOVA kwa sezulwini; mdumiseni ezinnya-
ngweni. 2 Mdumiseni, nonke nina 'zi-
ngelosi zake! mdumiseni, nonke nina
'mikosi yake! 3 Mdumiseni, langa nen-
nyanga! mdumiseni, nonke nina 'zinkwe-
nkwezi zokukanya! 4 Mdumiseni, mazulu
amazulu! nani 'manzi angapezu kwama-
zulu! 5 Makadumise igama LIKAYEHOVA;
ngokuba waxela, adalwa ke. 6 Uwaqini-
sile kude kube ngunapakade kanapakade:
uwenze ummiso, ongayi kububa ke.
7 Dumisani UYEHOVA kwa semhlabeni:
nina 'minenga, nani nonke 'zinzulu; 8
mlilo nesicoto, ngqweqwe nenkungu; moya
woqwitela ulenza izwi lake; 9 zintaba,
nani nonke 'zinduli; miti yokuqama, nani
nonke 'zisedare; 10 maramnco, nani nonke
'zinkomo; zinambuzane, nani 'zintaka ezi-
namapiko! 11 Okumkani bomhlaba, nen-
klanga zonke; inkosi, nabo bonke aba-
gwebi bomhlaba; 12 amadodana nentombi
nazo; amaxego nabantwana; 13 mabadu-
mise igama LIKAYEHOVA: ngokuba ligama
lake lodwa elipakamileyo; udumo lwake
lungapezu kwomhlaba nezulu. 14 Ulupa-
kamisile upondo lwabantu bake, indumiso
yabo bonke abangcwele bake; *kwa olwo-*
sapo luka-Sirayeli, abantu abakufupi naye.
—Dumisani UYEHOVA!

## ICULO CXLIX.

DUMISANI UYEHOVA!—Vumani KUYE-
HOVA iculo elitsha; *no*dunyiswa lwake
enklanganisweni yabangcwele. 2 U-Sira-
yeli makavuye ngomenzileyo; usapo lwase-
Ziyone malugcobe ngokumkani walo. 3
Maludumise igama lake ngomdudo; malu-
cule kuye ngentambula nekinore. 4 Ngo-
kuba UYEHOVA ekoliswa ngabantu bake;
uya kuhomba abalulamileyo ngosindiso.
5 Abangcwele mabavuyelele ngobu-
ngcwalisa; mabagcobe ezinkûkweni zabo.
6 Imibongwa KATIXO ibe semlonyeni wabo,
nesirele esinklangoti zimbini sibe sesa-
ndhleni sabo; 7 ukwenza impindezelo
ezizweni, *ne*zohlwayo ezinklangeni; 8 u-
kunxiba okumkani bazo ngemixokelelwa-
ne, nemiduna yazo ngamakamandela esi-
ncete; 9 ukwenza pezu kwazo umgwebo
obàliweyo: oludumo lolwabangcwele bake
bonke.—Dumisani UYEHOVA!

## ICULO CL.

DUMISANI UYEHOVA!—Dumisani UTIXO
endaweni yake eyingcwele; mdumiseni
esibakabakeni samandhla ake.
2 Mdumiseni ngennxa yezenzo zake
zamandhla; mdumiseni njengokwobuninzi
bobukulu bake.
3 Mdumiseni ngokulila kwexilongo;
mdumiseni ngenebele nekinore. 4 Mdu-
miseni ngentambula nomdudo; mdumiseni
ngento ezinentambo nangogwali. 5 Mdu-
miseni ngesimbali ezihlokomayo; mdumi-
señi ngesimbali ezikencezayo.
6 Konke okunokupefumla makudumise
UYEHOVA.—Dumisani UYEHOVA!



University of Fort Hare
Together in Excellence

## IMIZEKELISO

# KASOLOMONE.

ISAHLUKO I.

IMIZEKELISO ka-Solomone, unyana
ka-Davide, ukumkani wo-Sirayeli; 2
yokuba kwaziwe ubulumko nemfundiso;
yokuba kuqondwe iziteto zengqondo; 3
yokuba kwamkelwe imfundiso yobutele-
kelelo; ubulungisa, nobugwebo, nolungele-
lwano; 4 yokunika izidenge ubuciko,
nomfana ukwazi nentelekeleliso. 5 Ilumko
liya kuva, landise ufundo; noqondayo uya
kuzuza amaqinga alumkileyo: 6 kuze
kuqondwe umzekeliso nenteto esiteleyo,
amazwi amalumko nezintsonkotelo zawo.

7 UKWOYIKA UYEHOVA kusisiqalo so-
kwazi: ubulumko nemfundiso amahilihili
ayazidela.

8 Yiva, nyana wami! imfundiso kayihlo,
ungalahli umteto kanyoko. 9 Ngokuba
ziya kuba sisitsaba esihle zona kuyo in-
kloko yako, nemixokolelwane entanyeni
yako.

10 Nyana wami! ukuba aboni bayaku-
henda, zungavumi ke. 11 Ukuba bati:
Hamba nati, masilalele igazi, masizifihlele
ofumana engenatyala; 12 masibaginye
behleli njengayo ihadesi; kwa besapilile,
babe njengabahleleyo esihogweni: 13 yo-
nke impahla enobomi soyifumana; siya
kuzalisa izindhlu zetu ngamaxoba: 14 i-
qashiso lako uya kulenza pakati kwetu;
innxowa innye yoba kuti sonke: 15 nyana
wami! zungahambi nabo endhleleni;
nqanda unyawo lwako emizileni yabo:
16 ngokuba innyawo zabo zibalekela
ububi, zinxamela ukupalaza igazi. 17
Ngennyaniso kufumana kusanekwa uta-
mbo emehlweni ennye intaka: 18 kanti
bona bayalalela elabo igazi, bayazifihlela
obabo ubomi. 19 Zinjalo ke indhlela zabo
bonke ababawela impango; iyasusa ubomi
bomniniyo.

20 UBULUMKO buyadanduluka nga-
pandhle; buyapakamisa ilizwi labo ezita-
rateni: 21 kwezinkulu indawo zembutu-
mbutu buyabiza, ezitubeni zamasango; esi-
xekweni buyateta iziteto zabo, *busiti:* 22
Kwoba kade kangakananina, zidenge! niya
kutanda ubudenge, nabagxeki bazinqwe-
nele ukugxeka, namageza atiye ukwazi?
23 Ziguquleni ngokwohlwaya kwami;
bona ke, ndiya kunigalelela umnoya
wami; ndiya kunazisa amazwi ami.

24 Ngokokuba ndibizile, nala nina;
ndolulile isandhla sami, kungabangako
owapulapulayo; 25 koko nilahlile lonke
icebo lami, nesohlwayo sami ningasivuma-
nga; 26 nami ndiya kuhleka ilishwa lenu;
ndiya kugculela kwakufika isoyiko senu;
27 kwakufika isoyiko senu njengalo uquta,
liti ilishwa lenu lize njengaso isaqwiti;
kwakufika pezu kwenu ubunzima nesitu-
kutezi. 28 Baya kwandul' ukundibiza,
kanti andiyi kusabela; baya kundifuna
'msinya, kanti abasayi kundifumana: 29
ngennxa yokuba betiyile ukwazi, nokuba
bengaqashanga ukwoyika UYEHOVA. 30
Abavumanga icebo lami; badela konke
ukwohlwaya kwami: 31 ngako baya kutya
kwisiqamo seyabo indhlela, badikwe nga-
wabo amacebo. 32 Ngokuba ukupambuka
kwezidenge kuya kuzibulala, nokunga-
katali kwamageza kuya kuwabubisa. 33
Kodwa ondivayo mina wohlala ngoku-
nqaba; uya kwonwaba, kungeko 'kwoyika
ububi.

2 NYANA wami! ukuba uya kwamkela
iziteto zami, uyibekele kuwe nemiya-
lelo yami; 2 ukuze unikele indhlebe yako
ebulumkweni, utobele inkliziyo yako eku-
qondeni; 3 ewe, ukuba uya kubiza ingqo-
ndo, upakamisele ilizwi lako ingqiqo; 4
ukuba uya kubufuna njengesilivere, ubu-
pengulule njengendyebo eziselelweyo; 5
uya kwandul' ukuqonda ukwoyikwa KUKA-
YEHOVA, ufumane ukwaziwa KUKATIXO. 6
Ngokuba UYEHOVA esipa ubulumko; u-



University of Fort Hare
Together in Excellence

kwazi nokuqonda kuvela emlonyeni wake.
7 Uyabekelela abalungileyo usizo; ulikaka
kwabalungisa ukuhamba kwabo: 8 aze
alinde indhlela zobugwebo, agcine ume-
ndo wabangcwele bake. 9 Uya kwa-
ndul' ukuqonda ubulungisa, nobugwebo,
nolungelelwano,—yonke imikwa elungi-
leyo.

10 Okuya ubulumko buya kungena
enkliziyweni yako, nokwazi kuya kuba
mnandi empefumlweni wako; 11 intele-
keleliso yokugcina, ingqiqo yokulinda:
12 ukuba usindiswe endhleleni yokohla-
keleyo, *nas*emntwini oteta izinto zobume-
nemene; 13 abashiya indhlela zokulunga,
ukuze bahambe ezindhleleni zobumnyama;
14 abavuyela ukwenza inkohlakalo; *aba*-
gcoba ngobumenemene bokohlakeleyo; 15
abandhlela zigwenxa, benokanda emikweni
yabo: 16 ukuba usindiswe kuye umfazi
wasemzini, kulowo ungaziwayo, ozenza
'butelezi iziteto zake; 17 oshiyayo umhlobo
wobutsha bake, alibale ucebano LWOTIXO
wake. 18 Ngokuba indhlu yake itshonela
ekufeni, nendhlela zake kubafileyo. 19
Bonke abangenayo kuye abayi kubuya;
abayi kufumana indhlela zobomi kanjako.
20 Ukuze uhambe endhleleni yabalungi-
leyo, nendhlela zabalungisayo uzigcine.
21 Ngokuba abayinnene beya kuma um-
hlaba, nabafezekileyo beya kusala kuwo.
22 Kodwa abakohlakeleyo baya kunqanyu-
lwa emhlabeni, nabenzayo ngobuxoki baya
kudonyulwa kuwo.

3 NYANA wami! umteto wami ungawu-
libali; inkliziyo yako mayibambe imi-
yalelo yami: 2 ngokuba iya kukwongezela
ubude bemihla, neminyaka yobomi, noxolo.
3 Ububele nennyaniso mazingahlukani
nawe; zinxibe entanyeni yako; zibàle
ecweweni lenkliziyo yako; 4 wauya ku-
fumana ufefe nennyweba elungileyo, eme-
hlweni KATIXO nabantu.

5 Tembela KUTIXO ngayo yonke inkli-
ziyo yako, ungayami kokwako ukuqonda.
6 Umvume yena kuzo zonke indhlela zako,
waeya kulungisa izihambo zako. 7 Ungabi
ulumkile kwawako amehlo; yoyika UYE-
HOVA, upambuke enkohlakalweni. 8 Kwoba
kukupila enkatyeni yako, nokunyakama
ematanjeni ako.

9 Beka UYEHOVA ngemfuyo yako, na-
ngolibo lwenzuzo yako yonke; 10 zize
inmyango zako zizaliswe 'buninzi, ne-
zincinezelo zako zipupume yiveyin̥o
entsha.

11 Nyana wami! ukululeka KUKAYEHOVA
ungakudeli; nokwohlwaya kwake ungaku-
tiyi: 12 ngokuba lowo amtandayo, UYE-
HOVA emohlwaya; kwa njengokuba uyiso
*emohlwaya* unyana amkolelayo.

13 HAI itamsanqa lomntu ofumanayo
ubulumko, nelomntu ozuzayo ingqondo!
14 Ngokuba intengo yabo ilungile pezu
kwentengo yesilivere, nenzuzo yabo pezu
kwegolide. 15 Bunqabile bona pezu kwe-
rubi; kanjako zonke izinto zako ezinqwe-
nelekayo azingelingane nabo. 16 Ubude
bemihla busesandhleni sabo sokunene;
kwesokohlo sabo kuko ubutyebi nodumo.
17 Indhlela zabo zindhlela zoyolo, nayo
yonke imizila yabo iluxolo. 18 Bungumti
wobomi kwababambelelayo kubo; uneta-
msanqa ke obubambayo.

19 UYEHOVA umisile umhlaba ngobulu-
mko; uqinisile amazulu ngengqondo. 20
Ngokwazi kwake inzulu zacandeka, ati
amafu atontsele umbete.

21 Nyana wami! mazingalahlekani na-
mehlo ako *ezizinto;* bamba ubucebo nen-
telekeleliso. 22 Zoba bubomi ke empefu-
mlweni wako, nobuhle entanyeni yako.
23 Uya kwandul' ukuhamba ngokunqaba
endhleleni yako, luti unyawo lwako lunga-
kùbeki. 24 Nxa ulala pantsi, akuyi kwo-
yika: ewe, wakulala pantsi, boba bumna-
ndi ke ubutongo bako. 25 Ungoyiki isi-
tuso esibaqayo, kwa nentshabalaliso yaba-
kohlakeleyo yakufika. 26 Ngokuba UYE-
HOVA eya kuba litemba lako, oya kugcina
unyawo lwako lungabijelwa.

27 UNGABAMBI okulungileyo kwabo
kulunge kubo, kwakuba kusemandhleni
esandhla sako ukukwenza. 28 Musa ukuti
kummelwane wako: Hamba, ubuye uze,
ndiya kunika ngomso; nxa kukoyo kuwe.
29 Ungaqingeli ummelwane wako ububi,
nxa ahleli ngokunqaba ngakuwe. 30
Musa ukupika nomntu kungeko 'tuba, nxa
angakwenzanga 'nto. 31 Ungabi namona
pezu kwomntu osisidhlwengu; uze unga-
qashi nannye yendhlela zake. 32 Ngo-
kuba onokanda eyintshontsho KUYEHOVA;
kodwa ubukolwane bake bunabalungisayo.
33 Isiqalekiso SIKAYEHOVA sisendhlwini
yokohlakeleyo; kodwa ikaya labalungileyo
uyalitamsanqela. 34 Okunene abagxeki



University of Fort Hare
Together in Excellence

uyabagxeka; kanti abalulamileyo uyabapa
ufefe. 35 Amalumko aya kulidhla ilifa
lobungcwalisa; kodwa amageza aya kula-
mkela ihlazo.

4 YIVANI, bonyanandini! ukululeka
kwoyise, nipulapule ukukwazi ukuqo-
nda. 2 Ngokuba ndinipa imfundiso elu-
ngileyo; umteto wami ningawushiyi. 3
Ngokuba ndibe ndingunyana kabawo, ndi-
ngotambileyo nowokupela ebusweni bu-
kamá. 4 Waza wandifundisa, wati kumi:
Inkliziyo yako mayibambe amazwi ami;
gcina imiyalelo yami, upile. 5 Qweba
ubulumko, qweba ukuqonda; ungalibali,
ungapambuki nokupambuka kuzo iziteto
zomlomo wami. 6 Ungabushiyi, boku-
gcina ke; butande, bokulondoloza ke. 7
Eyona 'nto inkulu bubulumko; qweba
ubulumko: ewe, ngako konke ukuqweba
kwako kuqwebe ukuqonda. 8 Bumise
pezulu ke, babuya kukupakamisa: bokwe-
nzela udumo, xa ubusingatayo. 9 Buya
kunika inkloko yako isitsaba sobuhle;
ikrone yobungcwalisa boyinikela kuwe.
10 Yiva, nyana wami! uzamkele iziteto
zami; yaiya kuba mininzi kuwe iminyaka
yobomi. 11 Ndikufundisile endhleleni
yobulumko; ndikukokele emikondweni
yokulunga. 12 Ekuhambeni kwako, uku-
nyatela kwako akuyi kuxinwa; naxeshe-
kweni ubalekayo, akuyi kukùbeka. 13
Bambelela kuyo imfundiso, ungayeki; yi-
bambe ke, ngokuba ibubomi bako yona.
14 Ungangeni emendweni wabakohlake-
leyo, ungahambi nokuhamba endhleleni
yabangalungileyo. 15 Yipepe, ungadhluli
ngayo; tyeka kuyo, ugqite ke. 16 Ngo-
kuba bengalali, nxa bangenzanga 'bubi;
bayahlutwa ubutongo, nxa bangakùbekisa-
nga *'muntu.* 17 Ngokuba besidhla isonka
sobuncwangu, besela iveyine sobudhlwe-
ngu. 18 Kodwa indhlela yabalungileyo
injengokukanya okukazimlayo, okumana
kukanya kude kube semmini efezekileyo.
19 Indhlela yabakohlakeleyo injengesito-
kotoko; abazi into abaya kukùbeka pezu
kwayo.
20 Nyana wami! pulapula amazwi ami;
tobela indhlebe yako kuzo iziteto zami.
21 Mazingalahlekani namehlo ako; zigcine
pakati enkliziyweni yako. 22 Ngokuba
zibubomi kwabazifumanayo, nopiliso kuyo
yonke innyama yabo. 23 Linda inkliziyo
yako pezu kwako konke okugcinwayo;
ngokuba kuvela kuyo izipumelo zobomi.
24 Shenxisa kuwe ubugwenxa bomlomo,
nenkani yomlomo yikwelelise kude kuwe.
25 Amehlo ako makati ngqo ukukangela,
nenkope zako mazonde ukubeka pambi
kwako. 26 Gqala ukuhamba kwonyawo
lwako, ziti zonke indhlela zako ziqiniswe.
27 Ungapambukeli nangasekunene nanga-
sekohlo; shenxisa unyawo lwako ekuko-
hlakaleni.

5 NYANA wami! pulapula ebulumkweni
bami, utobele indhlebe yako ekuqondeni
kwami; 2 ukuze ugcine intelekeleliso,
nomlomo wako ubambe ukwazi.
3 Ngokuba umlomo womfazi wasemzini
utontsela inncindi, nekuhlangubo lake li-
dhlula amafuta ngobutelezi: 4 kanti uku-
pela kwake kurara njengomhlonyane, ku-
bukali njengesirele sisika ngamacala oma-
bini. 5 Innyawo zake zihlela ekufeni;
amanyatela ake abambela ehadesi. 6 U-
kuze ungagqali indhlela yobomi, iyajika-
jika imikondo yake, *ukuba* ungayazi.
7 Ngako kaloku, bonyanandini! pula-
pulani kumi, ningahlukani nazo iziteto
zomlomo wami. 8 Kwelelisa kude kuye
indhlela yako, ungasondeli ngaseluca-
ngweni lwendhlu yake; 9 hleze unike
kwabanye ukwomelela kwako, nakoyinnqola
iminyaka yako; 10 hleze bahlutiswe aba-
semzini ngobutyebi bako, nemisebenzi
yako ebuhlungu ibe sendhlwini yongazi-
wayo: 11 ude ugule ekupeleni kwako,
kwakugqitywa innyama yako nomzimba
wako; 12 uze uti: Hai ukutiya kwami
ululeko, nokudela kwenkliziyo yami iso-
hlwayo; 13 ndingapulapulanga nje ilizwi
lababonisi bami, ndingatobelanga indhlebe
yami nakwabafundisi bami! 14 Ndibe
ndipants' ukuba sebubini bonke, pakati
kwomhlambi nenklanganiso.
15 Sela amanzi evela kwelako icibi, ne-
zelo zipuma kwelako iqula. 16 Maiti imi-
tombo yako ipangalale ngapandhle, nemi-
jelo yamanzi ezitarateni. 17 Maibe yeyako
wedwa, ingabi yeyabasemzini kunye nawe.
18 Umtombo wako mautanyusanqeliswe;
uze uvuyele umfazi wobutsha bako. 19
*Makabe njenge*xamakazi elitandekayo ne-
wulakazi elihle; amabele ake makakunca-
mise ngamaxesha onke; lahlekela futi
elutandweni lwake. 20 Yinina, nyana
wami! ukuba ulahlekele kowasemzini
umfazi, usingate isifuba songaziwayo?



University of Fort Hare
Together in Excellence

21 Ngoknba indhlela zomntu zipambi kwa-
mehlo KAYEHOVA, nako konke ukuhamba
kwake uyakugqala. 22 Ezake izikohlakalo
zobijela okohlakeleyo; uya kubanjwa zin-
tambo zesono sake. 23 Wofa yena enge-
nalufundo; nangabo ubukulu bobuhilihili
bake wolahleka.

6 NYANA wami! ukuba ubambelo um-
melwane wako, wabambana nowasem-
zini isandhla sako; 2 *ukuba* utiyelwe
ngeziteto zomlomo wako, wabijelwa ngezi-
teto zomlomo wako; 3 yiti ke, nyana
wami! uze uzikulule, wakuba uzile esa-
ndhleni sommelwane wako: uye, uziqu-
bude, umqùbe ummelwane wako. 4 U-
nganiki ubutongo emehlweni ako, noku-
nqenqa ezinkopeni zako; 5 zikulule njenge-
badi esandhleni *somzingeli*, nanjengentaka
esandhleni somtiyeli.
6 Yiya embovaneni, livilandini! nakana
imikwa yayo, ulumke; 7 eti ke, ingenam-
kokeli nje, nampati, nankosi, 8 ilungise-
lele ukudhla kwayo ehlotyeni, ibute uku-
tya kwayo ekwindhla. 9 Uya kulala kude
kube ninina, livilandini! uya kuvuka ni-
nina ebutongweni bako? 10 Ibe yintwana
yobutongo, ibe yintwana yokunqenqa, ibe
yintwana yokuxabanisa izandhla kuze
kulalwe; 11 bandul' ukuza ubuhlwempu
bako njengomhambi, nokuswela kwako
njengoxòbileyo.
12 Umntu wobunginingini, umntu wo-
kungendawo, uyahamba ngobugwenxa
bomlomo: 13 uyapanyaza ngamehlo ake,
uyarweca ngennyawo zake, uyabonisa nge-
minwe yake; 14 ubumenemene busenkli-
ziyweni yake, uyaceba ububi ngamaxesha
onke, uyavusa amapike. 15 Ngako oko
ilishwa lake liya kuza ngokuzuma; uya
kucitwa ngebaqo, kungabiko 'lusizo.
16 Ezi*zinto* zontandatu UYEHOVA uyazi-
tiya; ewe, zixenxe eziyintshontsho kum-
pefumlo wake: 17 Amehlo okuqanqa-
laza; ulwimi lwobuxoki; nezandhla ezi-
palazayo igazi elingenatyala; 18 inkliziyo
ecebayo amaqinga akohlakeleyo; innyawo
ezinxamela ukubalekela ububi; 19 inqìna
lobuxoki elipimisela ilwimi; novusayo
amapike pakati kwabazalwana.

20 NYANA wami! wubambe umyalelo
kayihlo, ungalahli nomteto kanyoko. 21
Yibope enkliziyweni yako futi; yinxibe
entanyeni yako. 22 Ekuhambeni kwako
wokukapa; ekulaleni kwako wokulinda;
wakuvuka, uya kuncokola nawe. 23 Ngo-
kuba umyalelo usisibane; nomteto usisika-
nyiso; ziyindhlela yobomi izohlwayo zo-
kufundisa; 24 ukuze ugcinwe kuyo inka-
zana ekohlakeleyo, kuko ukubonga kwo-
lwimi lwasemzini. 25 Ungakanuki ubu-
nzwakazi bayo enkliziyweni yako; kanjako
mayingakubambi ngenkope zayo. 26
Ngokuba ngennxa yenkazana eyenza um-
bulo *kutotyelwa* kude kube lisimba leso-
nka; nomfazi *wennye* indoda uyazingela
ubomi obunqabileyo. 27 Umntu angata-
batela umlilo esifubeni sake, zize zinga-
tshiswa na izivato zake? 28 Umntu anga-
hamba pezu kwamalahle atshayo, zize zi-
ngarauki na innyawo zake? 29 Unjalo ke
ongenayo kuye umfazi wommelwane wake;
akayi kuba ngongenatyala osukuba empata.
30 Akudelwa isela, nxa lebàyo ukuze liza-
lise umxèlo walo, ngokuba lilambile: 31
kodwa, *nxa* lifunyenweyo, lohlaula ngo-
kusixenxe; yonke impahla yendhlu yalo
uya kuyinika. 32 Orexeza umfazi uswele
ingqondo; uyabubisa umpefumlo wake
owenjo njalo. 33 Uya kufumana izibeto
nodelo; nehlazo lake alisayi kucinywa.
34 Ngokuba ubukwele buvusa umsindo
wendoda; ngako ayiyi kuba nataru emhleni
wempindezelo. 35 Ayiyi kubuka nasinye
isizi; kanjako ayiyi kuvuma, nakuba ula-
ndisa ibaso.
7 Nyana wami! gcina iziteto zami, u-
yibekele kuwe nemiyalelo yami. 2
Gcina imiyalelo yami, upile; nomteto
wami *uwugcine* njengokozo lweliso lako. 3
Yibope eminweni yako; yibàle ecwecweni
lenkliziyo yako. 4 Yiti kubulumko: U-
ngudade wami; nengqondo uyibize ngo-
kuti ngumhlobo: 5 ukuze ugcinwe kuyo
umfazi wasemzini, kulowo ungaziwayo,
ozenza 'butelezi iziteto zake.
6 Ngokuba ngesituba sendhlu yami,
ngefenstile yami, ndakangela; 7 ndaza
ndabona pakati kwezidenge, ndaqiqa pakati
kwamadodana, umfana oswele ingqondo, 8
edhlula esitarateni kufupi negumbi lake;
wahamba ngendhlela yendhlu yake; 9
ngoncwalazi, ngokuhlwa kwemmini, pa-
kati kwobusuku nobumnyama: 10 keka-
loku nankuya esiza kumhlangabeza umfazi
enesivato sengnawokazi, enobuqokolo ben-
kliziyo: 11 (yena unengxolo, unenkani;
innyawo zake azihlali endhlwini yake;
12 uyawapandhle, uyawasezitarateni, ela-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lela ngasemagumbini onke :) 13 wada wam-
bamba, wamanga ; wabomeleza ubuso bake,
wati kuye : 14 Imibingelelo yoxolo ikumi ;
namhla nje ndifezile izibambiso zami. 15
Kungoko endipumileyo ukuza kukuhlanga-
beza, ukufuna kakulu ubuso bako, ukuba
ndikufumane. 16 Sendigubungele ikoye
yami ngezigubungelo, ngezinto zama-
bala ngamabala zeqiya ecikilizekileyo
yase-Jipete. 17 Ndifefile umandhlalo wami
ngemore, nangeyahali, nangekinamone.
18 Yiza ke, sidikwe lutando kude kuse ;
masiziyolise elutandweni olukulu. 19
Ngokuba indoda ingeko endhlwini yayo,
ihambele kude. 20 Innxowa yemali iyi-
tabatile esandhleni sayo ; ngomhla woku-
hlangana kwennyanga yobuya ize endhlwi-
ni yayo. 21 Wada wampambukisa ngo-
buninzi bokucenga kwake ; ngobutelezi
bokuteta kwake wamkukulisa. 22 Uhla
amlandele, njengayo inkabi isiya ekuxè-
lweni, nanjengalo ihilihili *lisiya* ekwohlwa-
yeni kwamakamandela ; 23 (lude utolo
lucande isibindi sake ;) njengayo intaka
inxamela esigwini, ingazi ukuba singennxa
yobomi bayo.

24 Ngako kaloku ndiveni, bonyana-
ndini ! nipulapule ezitetweni zomlomo
wami. 25 Inkliziyo yako maingatyekeli
ezindhleleni zake ; ungadungudeli emizi-
leni yake. 26 Ngokuba zinninzi innxwe-
lera aziwisile ; kanjalo bangabanamandhla
bonke ababulewe nguye. 27 Indhlu yake
yindhlela yehadesi, ihlela ezinkambilini
zokufa.

8 UBULUMKO abubizi na ? nengqondo
ayipakamisi na ilizwi layo ? 2 Engcopo
yendawo ezipakamileyo ngasemendweni,
pakati kwazo indhlela, buyazimisa. 3
Ngecala lamasango, ekungenweni kwesi-
xeko, ngasemnyango wengcango, buyada-
nduluka. 4 Kwa kuni, madoda ! ndiya-
biza ; ilizwi lami likubo onyana babantu.
5 Nina 'zidenge ! qondani ubuciko ; nani
'mahilihili ! qondani ingqiqo. 6 Yivani ;
ngokuba ndiya kuteta izinto ezinobomi ;
nokuvula kwomlomo wami kwoba ngolu-
ngelelwano. 7 Ngokuba ikuhlangubo lami
liya kupimisela innyaniso ; kanjalo ubu-
menemene buyintshontsho emlonyeni wa-
mi. 8 Zonke iziteto zomlomo wami zise-
bulungiseni ; akuko kuzo okujikayo noku-
gwenxa. 9 Zisekuhleni zonke kuye oqo-
ndayo ; zilungile kubo abafumanayo u-
kwazi. 10 Yamkelani imfundiso yami,
ning*amkeli* isilivere ; kwa nokwazi nga-
pezu kwegolide edhlulisileyo. 11 Ngokuba
ubulumko bulungile pezu kwerubi ; nazo
zonke izinto ezinqwenelekayo azingeli-
ngane nabo.

12 Mina 'bulumko ndihleli nentelekele-
liso ; nokwaziwa kwamaqinga alumkileyo
ndiyakufumana. 13 Ukwoyika UYEHOVA
kukutiya inkohlakalo ; iratshi, nokuzidhla,
nendhlela ekohlakeleyo, nomlomo wobu-
menemene, ndiyazitiya. 14 Ubucebo bo-
bami, nobuqiqo ; ndiyingqondo ; amandhla
angawami. 15 Okumkani bapata ngami,
nenkosi zimisa ubulungisa. 16 Inkosana
zipata ngami, nemiduna, *kwa* bonke aba-
gwebi bomhlaba. 17 Ndiyabatanda abo
batanda mina ; nabo bandifuna 'msinya,
baya kundifumana. 18 Ubutyebi bunami,
nodumo ; imfuyo engagugiyo, nobulungisa.
19 Isixakato sami silungile pezu kwego-
lide, pezu kwegolide ecokisiweyo ; nenzuzo
yami pezu kwesilivere edhlulisileyo. 20
Ndiyahamba emendweni wobulungisa, pa-
kati kwendhlela zobugwebo ; 21 ukuze
ndizuzise abanditandayo indyebo ; ewe,
indawo zabo zokubekela ndiya kuzizalisa.

22 UYEHOVA wandifuya ndikukuqala
kwendhlela yake, ingekabiko imisebenzi
yake, kwa kudala. 23 Kwa kunapakade
ndatanjiswa, kwa sekuqaleni, ungekabiko
umhlaba. 24 Zakuba zingeko inzulu, be-
ndizelwe ; yakuba ingeko imitombo ema-
nzi maninzi. 25 Zingekaqinanga inta-
ba, zingekabiko induli, ndandizelwe ; 26
nxa ebengekawenzanga umhlaba, nezin-
dhle, nolwokuqala utuli lwelizwe. 27 Oko
abelungisa amazulu, bendikona mina ; oko
abebàla isazinge pezu kwobuso benzulu ;
28 oko abeqinisa amafu ngapezulu ; oko
womelezayo imitombo yenzulu ; 29 oko
wabekela ulwandhle umda walo, ukuba
amanzi angagqiti ilizwi lake ; oko abemisa
imisekelo yomhlaba ; 30 ndasendiko kufupi
naye njengowondhliweyo ; ndandiluyolo
*lwake* imihla ngemihla, ndigcoba pambi
kwake ngamaxesha onke ; 31 ndigcoba
kwezimiweyo indawo zomhlaba wake ;
lwaye uyolo lwami lwanonyana babantu.

32 Ngako kaloku ndiveni, bonyanandini ?
ngokuba benetamsanqa abazigcinayo in-
dhlela zami. 33 Yivani imfundiso, nilu-
mko, ningayali. 34 Unetamsanqa um-
ntu ondivayo, elinda emasangweni ami
imihla ngemihla, egcina imigubasi yengca-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngo zami. 35 Ngokuba ondifumanayo efu-
mana ubomi; uya kuzuza imbuko KUYE-
HOVA. 36 Kodwa owonayo kumi, uyaba-
ndezela owake umpefumlo: bonke abandi-
tiyayo bayatanda ukufa.

9 Ubulumko buyakile indhlu yabo, uba-
zile intsika zabo zosixenxe: 2 buxèlile
isixèlo sabo; bupitikezile iveyine yabo;
bulungisile itafile yabo kanjalo; 3 butu-
mile izicakazana zabo; buyabiza pezu
kwezipakamileyo indawo zesixeko, *busiti:*
4 Osidenge, makapambukele apa; oswele
ingqondo, buti kuye: 5 Yizani, nitye
kokwami ukudhla, nisele kuyo iveyine
endiyipitikezileyo. 6 Shiyani ubudenge,
nipile; nize nihambe endhleleni yoku-
qonda.

7 Oyalayo umgxeki, uyazizuzela udelo;
nomohlwaya okohlakeleyo, kusisidyobo
kuye. 8 Ungohlwayi umgxeki, hleze
akutiye; yohlwaya olilumko, waeya kuku-
tanda. 9 Nika kolumkileyo, wolumka
ngakumbi; yazisa olungileyo, wokwandisa
ukufunda. 10 Kukuqala kwobulumko u-
kwoyika UYEHOVA; nokwaziwa kwoyin-
gcwele kuyingqondo. 11 Ngokuba ngami
imihla yako iya kwandiswa; ewe, iminya-
ka yobomi iya kwongezwa kuwe. 12 U-
kuba ulumkile, uzilumkele kwa wena; no-
kuba uyagxeka, nguwe wedwa oya kuku-
twala.

13 Umfazi olihilihili unengxolo; usisi-
denge, engazi nanto. 14 Uhlala pantsi
ngaselucangweni lwendhlu yake, pezu
kwesihlalo ezindaweni ezipakamileyo
zesixeko; 15 ukuba abize abadhlulayo
endhleleni, abati ngqo ngendhlela zabo,
*esiti:* 16 Osidenge, makapambukele apa;
noswele ingqondo, uti kuye: 17 Ama-
nzi abìweyo ayolilo, nesonka sendawo
zangasese simnandi. 18 Kanti akazi u-
kuba abafileyo bakona, *nokuba* abame-
nywa bake basezindaweni ezinzulu zeha-
desi.

10 IMIZEKELISO ka-Solomone.
Unyana olumkileyo uyavuyisa uyise;
kodwa unyana osidenge ulusizi kuye u-
nina.

2 Indyebo zenkohlakalo azincedi 'luto;
kodwa ubulungisa buyasindisa ekufeni.

3 UYEHOVA akayi kuvumela umpefumlo
wolungileyo ulambe; kodwa unqwenelo
lwabakohlakeleyo wolutyàla.

4 Woda abe lihlwempu osebenzayo nge-
sandhla esinqenayo; kodwa isandhla soku-
teleyo siyatyebisa.

5 Obutayo ehlotyeni, ungunyana olu-
mkileyo; olala 'butongo ekwindhla, ungu-
nyana ohlazisayo.

6 Amatamsanqa apezu kwenkloko yolu-
ngileyo; kodwa umlomo wabakohlakeleyo
uyafihla ubudhlwengu.

7 Inkunjulwa yolungileyo yoba neta-
msanqa; kodwa igama labakohlakeleyo
lobola.

8 Onkliziyo ilumkile, uya kwamkela
imiyalelo; kodwa ohilizayo ngomlomo,
uya kuwiswa pantsi.

9 Ohambayo ngennene, uyahamba ngo-
kugcineka; kodwa ozenza gwenxa indhlela
zake, uya kwaziwa.

10 Opanyazayo ngeliso, wonika ubu-
hlungu; nohilizayo ngomlomo, uya kuwi-
swa pantsi.

11 Umlomo wolungileyo ngumtombo
wobomi; kodwa umlomo wabakohlakeleyo
uyafihla ubudhlwengu.

12 Utiyo luyavusa amapike; kodwa u-
tando luyagubungela izigqito zonke.

13 Emlonyeni wonokuqonda bufunya-
nwa ubulumko; kodwa uswazi *lulungele*
umhlana woswele ingqondo.

14 Abalumkileyo bayabekela ukwazi;
kodwa umlomo wehilihili uyintshabalaliso
ekufupi.

15 Imfuyo yesityebi isisixeko esinama-
ndhla saso; intshabalaliso yamahlwempu
bubuhlwempu bawo.

16 Umsebenzi wolungileyo ubang' ubo-
mi; inzuzo yokohlakeleyo ibang' isono.

17 Usendhleleni yobomi ogcina imfu-
ndiso; kodwa oshiyayo ukwohlwaywa
uyaposisa.

18 Ofihlayo utiyo, unomlomo wobuxoki;
nopumisayo inklebo, yena usisidenge.

19 Ebuninzini bamazwi akusweleki isi-
gqito; kodwa obamba umlomo wake ulu-
mkile.

20 Ulwimi lwolungileyo *lunjengesilivere*
edhlulisileyo; inkliziyo yabakohlakeleyo
yinto encinanana.

21 Umlomo wolungileyo uyondhla aba-
ninzi; kodwa amahilihili ayabuba ngoku-
swela ingqondo.

22 Itamsanqa LIKAYEHOVA, lilo elityebi-
sayo; akongezi ubuhlungu kulo.

23 Kunjengokufeketa kwisidenge ukwe-
nza ubunenemene; kodwa umntu woku-
qonda unobulumko.



University of Fort Hare
Together in Excellence

24 Isoyiko sokohlakeleyo, sona siyakumfikela; kodwa inkanuko yabalungileyo iya kupiwa.

25 Njengokugqita kwesaqwiti, kunjalo ukungabiko kwokohlakeleyo; kodwa olungileyo usisisekelo esingunapakade.

26 Njengeyasine kuwo amazinyo, nanjengomsi kuwo amehlo, linjalo ivila kubo abalitumayo.

27 Ukwoyika UYEHOVA kuyandisa imihla: kodwa iminyaka yabakohlakeleyo iya kuncitshiswa.

28 Itemba labalungileyo liluvuyo; kodwa isikangelo sabakohlakeleyo siya kububa.

29 Yinnqaba koyinnene indhlela KAYEHOVA; kodwa yintshabalaliso kwabenzi benkohlakalo.

30 Olungileyo akasayi kuza ashukunyiswe; kodwa abakohlakeleyo abayi kuma umhlaba.

31 Umlomo wolungileyo uvelisa ubulumko; kodwa ulwimi lwobumenemene lwonqanyulwa.

32 Umlomo wolungileyo uyakwazi okukolekileyo; kodwa umlomo wabakohlakeleyo unobumenemene.

11 ISILINGANISELO senkohliso siyintshontsho KUYEHOVA; kodwa ilitye lokulinganisa elizalisekileyo liyimvuyiso kuye.

2 Kuti kwakufika iratshi, kufike nehlazo; kodwa ubulumko bunabalulamileyo.

3 Innene yabalungisayo yobakapa; kodwa inkani yabenza ngobuxoki yobacita.

4 Ubutyebi abuncedi 'luto emhleni womsindo; kodwa ubulungisa buyasindisa ekufeni.

5 Ubulungisa bofezekileyo bolungelelanisa indhlela yake; kodwa okohlakeleyo wowa ngokukohlakala kwake.

6 Ubulungisa babalungisayo bobasindisa; kodwa abenza ngobuxoki bobanjiswa ngo*babo* ubumenemene.

7 Uti akufa umntu okohlakeleyo, isikangelo *sake* siya kububa; kanjalo itemba labangendawo liyabuba.

8 Olungileyo uyahlangulwa ebunzimeni, aze angene okohlakeleyo esikundhleni sake.

9 Ngawo umlomo umginwa uyatshabalalisa ummelwane wake; kodwa ngako ukwazi kwabalungileyo, baya kusindiswa.

10 Ebutamsanqeni babalungileyo, isixeko siyavuyelela; nasekububeni kwabakohlakeleyo, kuko umgcobo.

11 Ngesitamsanqeliso sabalungisayo isixeko siyapakanyiswa; kodwa ngomlomo wabakohlakeleyo siyacitwa.

12 Odela ummelwane wake, ngoswele ingqiqo; kodwa umntu wokuqonda woti ewaka.

13 Ohambahamba ehleba, uyatyila amahlebo; kodwa ommoya unyanisekile, uyafihla umcimbi.

14 Nxa kungeko amaqinga alumkileyo, bayawa abantu; kodwa kuko ingciniso ebuninzini babacebisi.

15 Uya kuzuza ingozi ngennyaniso lowo obambisele owasemzini; kodwa otiyayo ukubambana *kwezandhla* unqabile.

16 Umfazi onesoya uyabamba udumo; n*amadoda* anamandhla ayabamba ubutyebi.

17 Umntu onobubele uyenzela owake umpefumlo okulungileyo; kodwa oyinnqola uyakataza eyake innyama.

18 Okohlakeleyo uyenza umsebenzi wenkohliso; kodwa ohlwayelayo ubulungisa woba nomvuzo wennene.

19 Njengokuba ubulungisa bubang' ubomi, kwa njalo oputuma inkohlakalo ubang' ukufa kwake.

20 Bayintshontsho KUYEHOVA abanklizivo ibugwenxa; kodwa bayimvuyiso kuye abandhlela ilungile.

21 *Nangona* isandhla *sibambana* nesandhla, akayi kuswela ityala okohlakeleyo; kodwa inzalo yabalungileyo yosindiswa.

22 *Njengawo* umsesane wegolide empumlweni yehangu, *injalo* inzwakazi engenakuqiqa.

23 Inkanuko yabalungileyo kukulunga kupela; *kodwa* isikangelo sabakohlakeleyo singumsindo.

24 Kuko ocitayo, kanti kusandiswa; kuko ovimbayo okupezu kwokumfaneleyu, kodwa kubang' ubuhlwempu.

25 Umpefumlo onesisa wotyetyiswa; nalowo onyelayo, nya kunyelwa yena nayo.

26 Obambayo innqolowa, abantu baya kumnywebelela; kodwa amatamsanqa oba pezu kwenkloko yalowo otengelayo.

27 Okutala ukufuna okulungileyo, uyafuna imbuko; kodwa ofunayo ububi, buya kumfikela.

28 Otembela ebutyebini bake, yena uya kuwa; kodwa abalungileyo bocuma njengamagqabi.



University of Fort Hare
Together in Excellence

29 Okatazayo eyake indhlu, uya kuli-
dhla ilifa lommoya; kanjalo ihilihili loba
sisicaka kolumkileyo ngenkliziyo.
30 Isixakato solungileyo singumti wo-
bomi; kanjalo obambayo imipefumlo ulu-
mkile.
31 Bona ke, olungileyo uya kuvuzwa
emhlabeni; kangakananina ngakumbi ke
okohlakeleyo nomoni.

12 OTANDA imfundiso, uyatanda ukwa-
zi; kodwa otiyayo ukwohlwayiwa,
ungodolileyo.
2 Olungileyo wozuza imbuko KUYEHOVA;
kodwa umntu wamaqinga akohlakeleyo,
uya kumgweba.
3 Umntu akayi kuqiniswa ngenkohla-
kalo; kodwa ingcambo yabalungileyo ayi-
sayi kushukunyiswa.
4 Umfazi otembekileyo uyikrone yen-
doda yake; kodwa lowo uhlazisayo, unje-
ngokubola ematanjeni ayo.
5 Izicingo zabalungileyo zifanele; ama-
qinga abakohlakeleyo ayinkohliso.
6 Amazwi abakohlakeleyo ngawokuba
kulalelwe igazi; kodwa umlomo wabalu-
ngisayo wobahlangula.
7 Abakohlakeleyo bayapenulwa, bangabi
seko; kodwa indhlu yabalungileyo iya
kuma.
8 Umntu wodunyiswa njengobuteleke-
lelo bake; kodwa onkliziyo igwenxa woba
nokudelwa.
9 Odelekileyo, enesicaka, ugqitisele ozi-
ncomayo, eswele ukutya.
10 Olungileyo uyanyamekela ubomi
benkomo yake; kodwa inceba zabakohla-
keleyo zibunqola.
11 Olimayo umhlaba wake, wokoliswa
sisonka; kodwa olandela *abantu* abange-
ndawo, uswele ingqondo.
12 Okohlakeleyo uyanqwenela utambo
lwabangalungileyo; kodwa ingcambo ya-
balungileyo yohlanza.
13 Umgibe wongalungileyo usekugqi-
teni kwomlomo; kodwa olungileyo uya
kupuma ebunzimeni.
14 Ngesixakato somlomo womntu, uya
kukoliswa ngokulungileyo; kanjalo um-
vuzo wezandhla zomntu wobuyiselwa
kuye.
15 Indhlela yehilihili ifanelekile kwa-
walo amehlo; kodwa opulapulayo icebo
ulumkile.
16 Ihilihili ukuqumba kwalo kuhla
kwaziwe; kodwa otelekelelayo uyagubu-
ngela ihlazo.
17 Oteta innyaniso uyaxela ubulungisa;
kodwa inqìna lobuxoki *liyaxela* inkohliso.
18 Kuko obobayo njengokuhlaba kwe-
sirele; kodwa ulwimi lwabalumkileyo lu-
yimpiliso.
19 Umlomo wennyaniso uya kuqiniswa
kude kube ngunapakade; kodwa ulwimi
lwobuxoki, kude kupanyazwe kupela.
20 Inkohliso isenkliziyweni yabaqinga-
yo ububi; kodwa abacebi boxolo bano-
vuyo.
21 Olungileyo akuyi kumhlela nannye
ingozi; kodwa abakohlakeleyo bozaliswa
bububi.
22 Umlomo wobuxoki nyintshontsho
KUYEHOVA; kodwa abenza ngennyaniso ba-
yimvuyiso kuye.
23 Umntu otelekelelayo uyafihla ukwa-
zi; kodwa inkliziyo yamahilihili iyashu-
mayela ubudenge.
24 Isandhla sabakuteleyo sopata ngobu-
kosi; kodwa inqeneka liya kukonza.
25 Isitukutezi enkliziyweni yomntu si-
yayitobisa; kodwa ilizwi elimnandi liya-
yivuyisa.
26 Olungileyo uyamalatisa ummelwane
wake; kodwa indhlela yabakohlakeleyo
iyabalahlekisa.
27 Inqeneka ayiyoji into ezingelweyo
nguye; kodwa okuteleyo yimfuyo yomntu
enqabileyo.
28 Kuko ubomi emendweni wobulungi-
sa; nasendhleleni *yabo* egqushekileyo a-
kuko 'kufa.

13 UNYANA olumkileyo *uyeva* imfundiso
kayise; kodwa umgxeki akeva inte-
tiso.
2 Ngesixakato somlomo womntu wodhla
okulungileyo; kodwa umpefumlo wabo-
nza ngobuxoki *wodhla* ubudhlwengu.
3 Olinda umlomo wake, uyagcina ubomi
bake; owakamisa kakulu umlomo wake,
woba nentshabalalo.
4 Umxèlo wevila uyakanuka, kanti a-
kuko 'nto; kodwa umxèlo wabakuteleyo
wotyetyiswa.
5 Ukuteta okubuxoki olungileyo uya-
kutiya; kodwa okohlakeleyo uyazinukisa,
azenzele ihlazo.
6 Ubulungisa buyamloedoloza ondhlela
ilungile; kodwa inkohlakalo iyameyelisela
onesono.



University of Fort Hare
Together in Excellence

7 Kuko ozityebisayo, engenanto noko; *kuko* ozenza ihlwempu, enemfuyo enkulu noko.

8 Isizi sobomi bomntu sibubutyebi bake; kodwa ihlwempu aliva intetiso.

9 Isikanyiso sabalungileyo siyavuya; kodwa isibane sabakohlakeleyo siya kucinywa.

10 Ngeratshi kuvuswa ingxolisano kupela; kodwa kuko ubulumko nabavumayo ukucetyiswa.

11 Imfuyo *ezuziweyo* ngokungendawo iya kuncitshiswa; kodwa obutayo ngesandhla uya kwandisa.

12 Itemba elibanjezelweyo liyavisa inkliziyo ubuhlungu; kodwa ingumti wobomi inkanuko efeziweyo.

13 Olidelayo ilizwi wobujiswa; kodwa owoyikayo umyalelo, yena wovuzwa.

14 Umteto welumko ungumtombo wobomi, kuze kumkiwe kuyo imigibe yokufa.

15 Ingqondo elungileyo iyanika ufefe: kodwa indhlela yabenza ngobuxoki ilukuni.

16 Osukuba enokutelekelela uyenza ngokwazi; kodwa ihilihili liyatwabulula ubudenge.

17 Isitunywa esikohlakeleyo siyeyela ebubini; kodwa isigidimi esinyanisekileyo siyimpiliso.

18 Owalayo imfundiso woba nobuhlwempu nehlazo; kodwa ogqalayo ukwohlwaywa uya kubekwa.

19 Imnandi empefumlweni inkanuko efeziweyo; kodwa kuyintshontsho kwizidenge ukumka enkohlakalweni.

20 Ohambayo nabalumkileyo wolumka *naye;* kodwa okolana nezidenge liya kuzuza ingozi.

21 Ububi buya kuputuma aboni; kodwa abalungisayo bovuzwa ngokulunga.

22 Olungileyo uyashiyela abantwana babantwana ilifa; kodwa ubutyebi bomoni bubekelelwa olungisayo.

23 Ukulima kwamahlwempu *kuyanika* ubuninzi bokutya; kodwa kuko obujiswayo ngokuswela ubugwebo.

24 Oyeka uswazi lwake, uyamtiya unyana wake; kodwa omtandayo, uyafuna ukululekwa kwake kamsinyane.

25 Olungileyo uyadhla kude kube kukuhlutiswa kwomxèlo wake; kodwa isisu sabakohlakeleyo soswela *ukutya.*

14 UMFAZI osukuba elumkile, uyaka indhlu yake; kodwa lowo unyabileyo, uyayicita ngezandhla zake.

2 Ohambayo ngokulungisa kwake, uyamoyika UYEHOVA; kodwa onokanda emikweni yake uyamdela.

3 Emlonyeni wehilihili kuko uswazi lweratshi; kodwa umlomo wabalumkileyo wobagcina.

4 Nxa kungeko 'zinkabi, isibaya sizé; kodwa kuko ubuninzi benzuzo ngamandhla enkabi.

5 Inqìna elinyanisekileyo aliyi kuxoka; kodwa inqìna lobuxoki lopimisela ilwimi.

6 Umgxeki uyafuna ubulumko, kanti abuko; kodwa ukwazi kulula konokuqonda.

7 Suka ebusweni bomntu osidenge, ngokuba ungaboni *kuye* umlomo wokwazi.

8 Ubulumko botelekelelayo, kukuqonda indhlela yake; kodwa ubudenge bawo amahilihili, buyinkohliso.

9 Idini letyala liyagculela amahilihili; kodwa pakati kwabalungileyo kuko ukubukwa.

10 Inkliziyo iyabazi obayo uburara; kanjalo owasemzini akangedibane novuyo lwayo.

11 Indhlu yabakohlakeleyo iya kucitwa; kodwa intente yabalungileyo yohluma.

12 Kuko indhlela engati ilungile emntwini, kanti ukupela kwayo kuzindhlela zokufa.

13 Kwa sekuhlekeni inkliziyo inobuhlungu; nokupela kwalo uvuyo kulusizi.

14 Ohlehlileyo ngenkliziyo, wodikwa yeyake imikwa; kodwa umntu olungileyo ukude kuye.

15 Isidenge siyakolwa ngamazwi onke; kodwa otelekelelayo wobonela ekuhambeni kwake.

16 Ilumko liyoyika, lize lipambuke ebubini; kodwa ihilihili likukumele, lingonakukatala.

17 Oqumba 'msinya uyenza ngobugeza; kanjalo umntu onamaqinga akohlakeleyo uyatiywa.

18 Izidenge zidhla ilifa lobugeza; kodwa abatelekelelayo baya kupahlwa ngokwazi.

19 Abangalungileyo bayatoba pantsi ebusweni babalungileyo, nabakohlakeleyo ngasemasangweni abalungisayo.

20 Ihlwempu liyatiywa kwa ngowalo



University of Fort Hare
Together in Excellence

ummelwane; kodwa isityebi abatandi baso
baninzi.
21 Omdelayo ummelwane wake, uyona;
kodwa owenza ngofefe kumahlwempu, hai
itamsanqa lake!
22 Abaposisi na abaqingayo okubi? ko-
dwa banobubele nennyaniso abo baqinga
okulungileyo.
23 Kuko ukwanda ngako konke ukuse-
benza; kodwa ukuteta kwomlomo kubang'
ukuswela kupela.
24 Ikrone yabalumkileyo ibubutyebi
babo; ubudenge bamahilihili bubudenge.
25 Inqina lennyaniso liyasindisa imi-
pefumlo; kodwa elenkohliso liyapimisela
ilwimi.
26 Ngokwoyika UYEHOVA kuko itemba
elinamandhla; nakulo usapo lwake kwo-
bako indawo yokupepela.
27 Ukwoyikwa kwake UYEHOVA ku-
ngumtombo wobomi, ukuba kumkiwe
emigibeni yokufa.
28 Ubungcwalisa bokumkani bungobu-
ninzi babantu; kodwa intshabalalo yenkosi
ingokuswela abantu.
29 Oqumba kade unokuqonda okukulu;
kodwa oqumba 'msinya uyapakamisa ubu-
geza.
30 Inkliziyo elulamileyo ibubomi ben-
nyama; kodwa umona ukukubola kwama-
tambo.
31 Obandezelayo ihlwempu, uyamtuka
umenzi walo; kodwa uyambeka, owenza
ngofefe kosweleyo.
32 Okohlakeleyo uyagxotwa esekuko-
hlakaleni kwake; kodwa olungileyo une-
temba ekufeni kwake.
33 Ubulumko buyapumla enkliziyweni
yonokuqonda; kodwa okupakati kwazo izi-
denge kuya kwaziwa.
34 Ubulungisa buyapakamisa isizwe;
kodwa isono silihlazo labantu bonke.
35 Imbuko yokumkani ingasesicakeni
esilumkileyo; kodwa uburalarume bake
boba *ngakuso* esihlazisayo.

15 IMPENDULO etambileyo iyanqanda
umsindo; kodwa ilizwi elidubulayo
liyavusa uqumbo.
2 Ulwimi lwamalumko luyalungisa u-
kwazi; kodwa umlomo wamahilihili uya-
bodhla ubudenge.
3 Amehlo KAYEHOVA akuzo zonke inda-
wo, ekangela abakohlakeleyo nabalungi-
leyo.
4 Ukululama kwolwimi kungumti wo-
bomi; kodwa inkani ngalo *iyenza* ukwa-
puka emmoyeni.
5 Ihilihili liyadela imfundiso kayise;
kodwa ogqalayo ukwohlwaywa uyenza
ngokutelekelela.
6 Endhlwini yolungileyo kuko ubutyebi
obuninzi; kodwa enzuzweni yokohlakeleyo
kuko inkatazo.
7 Umlomo wamalumko uyapangalalisa
ukwazi; kodwa inkliziyo yezidenge ayi-
njalo.
8 Idini labakohlakeleyo liyintshontsho
KUYEHOVA; kodwa umtandazo wabalungi-
leyo uyimvuyiso kuye.
9 Yintshontsho KUYEHOVA indhlela yoko-
hlakeleyo; kodwa uyamtanda lowo uputu-
mayo ubulungisa.
10 Ululeko olubi lwoba kuye oshiyayo
indhlela; lowo utiyayo ukwohlwoyiwa uya
kufa.
11 Ihadesi nentshabalalelo zipambi kwa-
ke UYEHOVA; kangakananina ngakumbi ke
inkliziyo zosapo lwabantu?
12 Umgxeki akayi kumtanda lowo umo-
hlwayayo; akayi kuya kwabalumkileyo.
13 Inkliziyo evuyayo iyacwayitisa u-
buso; kodwa ngobuhlungu benkliziyo um-
moya ukedamile.
14 Inkliziyo eqondayo iyafuna ukwazi;
kodwa umlomo wamahilihili uyakoliswa
bubudenge.
15 Yonke imihla yobandezelweyo mibi;
kodwa inkliziyo ecwayitileyo ingumtende-
leko ofuti.
16 Intwana encinane, kunye nokwo-
yika UYEHOVA, ilungile pezu kwendyebo
ezinninzi, nempitimpiti kunye nazo.
17 Isidhlo samahlamvu, apo utando lu-
koyo, silungile pezu kwenkabi etyetyisi-
weyo, nxa utiyo lukona.
18 Umntu onomsindo uyavusa ipike;
kodwa lowo uqumba kade uyadambisa
impikiswano.
19 Indhlela yevila injengotango lwemi-
nga; kodwa umendo wabalungileyo *yin-
dhlela* epakanyisiweyo.
20 Unyana olumkileyo uyavuyisa uyise;
kodwa umntu osidenge uyadela unina.
21 Ubugeza buluvuyo kulowo oswele
ingqiqo; kodwa umntu onokuqonda uya-
lungisa ukuhamba.
22 Amaqinga ayatshabalala nxa ingeko
ingcebisano; kodwa ngobuninzi babacebisi
aya kuma.



University of Fort Hare
Together in Excellence

23 Kuko uvuyo emntwini ngempendulo yomlomo wake; nelizwi *elitetwa* ngexesha lalo, linjanina ukuba 'mnandi!

24 Indhlela yobomi kuye olumkileyo isinga pezulu, ukuze apambuke kuso isihogo esipantsi.

25 Indhlu yabaratshileyo UYEHOVA woyicita; kodwa umlimandhlela womhlolokazi wowuqinisa.

26 Ayintshontsho KUYEHOVA amaqinga okohlakeleyo; kodwa *amazwi* abacocekileyo ngamazwi amnandi.

27 Obawela inzuzo ekohlakeleyo uyakataza indhlu yake; kodwa otiyayo amabaso uya kupila.

28 Inkliziyo yolungileyo iyacingela ukupendula; kodwa umlomo wabakohlakeleyo uyabodhla izinto ezimbi.

29 UYEHOVA ukude kubo abakohlakeleyo; kodwa umtandazo wabalungileyo uyawuva.

30 Ukukanya kwamehlo kuyavuyisa inkliziyo; indaba ezilungileyo ziyatyebisa amatambo.

31 Indhlebe evayo ukwohlwayelwa ubomi, yohlala pakati kwabalumkileyo.

32 Owalayo imfundiso, uyadela owake umpefumlo; kodwa ovayo ukwohlwayiwa, uyazuza ingqondo.

33 Ukwoyika UYEHOVA kuyimfundiso yobulumko; kanjalo ululamo luyandulela udumo.

16 ZEZOMNTU izilungiselelo zenkliziyo; kodwa kuvela KUYEHOVA impendulo yolwimi.

2 Yonke imikwa yomntu imhlope kwawake amehlo; kodwa UYEHOVA uyalinganisa imimoya.

3 Lahlela kuye UYEHOVA imisebenzi yako; oti ke amaqinga ako aqiniswe.

4 Zonke izinto UYEHOVA uzenzele okwake; ewe nokohlakeleyo *umenzele* immini yobubi.

5 Osukuba enokuqanqalaza ngenkliziyo uyintshontsho KUYEHOVA; *nangona* isandhla *sibambana* nesandhla, akayi kuswela ityala.

6 Ngabo ububele nennyaniso isono siyaxoliselwa; nangokwoyika UYEHOVA kumkiwa ekukohlakaleni.

7 Nxa imikwa yomntu imkolisayo UYEHOVA, uyenza ukuba nentshaba zake zixolane naye.

8 Intwana encinane kunye nobulungisa, ilungile pezu kwenzuzo ezininzi ngapandhle kwokufaneleyo.

9 Inkliziyo yomntu iyaqingela indhlela yake; kodwa NGUYEHOVA obekisa amanyatela ake.

10 Izwi elikulu lipezu kwomlomo wokumkani; ekugwebeni umlomo wake awuyi kwenza ngobumenemene.

11 Isilungelelaniselo nesilinganiselo esifaneleyo ZEZIKAYEHOVA; ngumsebenzi wake onke amatye okulinganisa ennxowa.

12 Kuyintshontsho kubo okumkani ukwenza okukohlakeleyo; ngokuba iterone iqiniswa ngobulungisa.

13 Umlomo wobulungisa uyimvuyiso kokumkani; nalowo uteta izinto ezifanelekileyo baya kumtanda.

14 Umsindo wokumkani u*njeng*ezitunywa zokufa; kodwa umntu olumkileyo wowudambisa.

15 Ekukanyeni kwobuso bokumkani kuko ubomi; nembuko yake injengelifu lemvula yasemva.

16 Ukuzuza ubulumko, kulungile kangakananina pezu kwegolide? nokuzuza ingqondo, kuqasheka *kangakananina* pezu kwesilivere?

17 Umendo wabalungileyo ngowokupambuka enkohlakalweni; ogcina indhlela yake, uyalondoloza umpefumlo wake.

18 Iratshi liyandulela imbujiswa; nokuqanqalaza kwommoya kuyandulela ukuwa.

19 Kulungile ukuba nommoya otobekileyo kunye nabalulamileyo, ngapezu kwokuba kwahlulelwane amaxoba nabaneratshi.

20 Opata indawo ngokutelekelela, wofumana innyweba; nalowo utembela KUYEHOVA, hai itamsanqa lake!

21 Onkliziyo ilumkile wobizwa ngokuba ngoqondayo; kanjalo ubumnandi benteto buyandisa ufundo.

22 Ubutelekelelo bungumtombo wobomi kosukuba enabo; kodwa imfundiso yezidenge ibubudenge.

23 Inkliziyo yolumkileyo yoqondisa umlomo wake; iya kwongeza ufundo nasekuteteni kwake.

24 Amazwi amnandi a*njeng*enklango yobusi, eyolile empefumlweni, eyimpiliso ematanjeni.

25 Kuko indhlela engati ilungile emntwini, kanti ukupela kwayo kuzindhlela zokufa.



University of Fort Hare
Together in Excellence

26 Lowo usebenzayo uyazisebenzela yena; ngokuba umlomo wake umqùba.
27 Umntu wobunginingini uyapanda ububi: napezu kwomlomo wake kunjengomlilo ovutayo.
28 Umntu wamamenemene uyavusa impikisano; nomncetezi uyahlukanisa izihlobo.
29 Umntu wobudhlwengu uyamhenda ummelwane wake, aze amkokele endhleleni engalungileyo.
30 Ocimayo amehlo ake ukuba aqinge amamenemene, oti vingci umlomo wake, ufezile ububi.
31 Izimvi ziyikrone yobungcwalisa, *ukuba* ziya kufunyanwa endhleleni yobulungisa.
32 Oqumba kade, ugqitisele oligora; nalowo unamandhla pezu kwowake ummoya, *ugqitisele* otimba isixeko.
33 Iqashiso liposelwa esifubeni; kodwa kuvela KUYEHOVA konke ukwaba kwalo.

17 UMTAMO owomileyo, nokwonwaba kunye nawo, ulungile pezu kwendhlu ezeleyo yimibingo enempikiswano.
2 Isicaka esilumkileyo soba ngumpati pezu kwonyana ohlazisayo, siti ilifa silahlulelane nabaninawe.
3 Imbiza yokucokisa yeyesilivere, nesidhlangalala sesegolide; kodwa NGUYEHOVA ozilingayo inkliziyo.
4 Owenza okukohlakeleyo uyapulapula umlomo wokungendawo; ixoki liyabazela ulwimi lwobumenemene indhlebe.
5 Ogculelayo ihlwempu, uyatuka umenzi walo; ovuyela ilishwa, akayi kuswela ityala.
6 Abantwana babantwana bayikrone yamaxego; nobungcwalisa babantwana bungoyise.
7 Umlomo wendhlulviselo awufanelekile kwisityakala; kukancinane kangakananina ngakumbi umlomo wobuxoki *ungafanelekile* kwinkosi.
8 Ibaso lilitye elihle emehlweni omninilo; liya kutamsanqeleka apo lisukuba libeka kona.
9 Ogubungela isigqito, uyafuna utando; kodwa ovusa indawo, uyahlukanisa izihlobo.
10 Intetiso iya kutshonela kuye oqondayo, ngapezu kwokubetwa kwesidenge kalikulu.
11 Okohlakeleyo uyafuna inkani kupela; kodwa isitunywa esibukali siya kutunyelwa yena.
12 Iberekazi ehlutiweyo amatole ayo maifumanane nomntu, singabi sisidenge ebugezeni baso.
13 Opindezela ngobubi endaweni yokulunga, ububi abusayi kwahlukana nendhlu yake.
14 Isiqalo sepike si*njengo*wenzela amanzi isivuzo; ngako yeka impikisano ingekabi shushu.
15 Ogwebela okohlakeleyo, nogweba olungileyo, bayintshontsho KUYEHOVA kwa bobabini.
16 Yinina ukuba kubeko imali esandhleni sesidenge yokutenga ubulumko, nxa ingqondo ingeko?
17 Umhlobo uyatanda ngamaxesha onke, nomzalwana uzalelwe ubunzima.
18 Umntu oswele ingqondo uyabambana nesandhla, esenza umbambiso ebusweni bomhlobo wake.
19 Umtandi wengxolisano ngumtandi wesono; opakamisayo isango lake, uyafuna imbujiswa.
20 Onkliziyo ibugwenxa, akayi kufumana okulungileyo; nojikajikayo ngolwimi lwake, uya kweyela ebubini.
21 Ozala ihilihili uzenzela usizi; kanjalo uyise wesityakala akayi kuvuya.
22 Inkliziyo evuyayo iya kunceda ukupila; kodwa ummoya okedamileyo uya kwomisa amatambo.
23 Okohlakeleyo uyatabata ibaso esifubeni, ukuba atyekise indhlela zobugwebo.
24 Ubulumko bungasebusweni boqondayo; kodwa amehlo esidenge asencameni yomhlaba.
25 Unyana osidenge uyinkatazo kuyise, noburara kulowo owamzalayo.
26 Kanjako ukuhlaulisa olungileyo akufanelekile, nokubeta abazinkosi ngenuxa yokulungisa.
27 Obamba amazwi ake ngowazana nokwazi; nommoya ubungcembe ungumntu wokuqonda.
28 Kwa ihilihili, lakuti cwaka, liyabalwa ngokuba lilumko, novingcayo umlomo wake, ngokuba ngonokuqonda.

18 OZAHLULAYO wofuna okukanukwayo; woba shushu ngakubo bonke ubulumko.
2 Isidenge asinyamekeli ukuqonda, *sinyamek*ela ukuzityila kwenkliziyo yaso kodwa.
3 Kuti kwakufika okohlakeleyo, kufike



University of Fort Hare
Together in Excellence

nokudela; nakunye nehlazo *kufika* ukutuka.

4 Amazwi omlomo womntu ngamanzi anzulu; umtombo wobulumko ngumlanjana oncencezayo.

5 Akulungile ukubuka ubuso bokohlakeleyo, *no*kusonga olungileyo ekugwebeni.

6 Ukuteta kwesidenge kuyangena ekupikiswaneni, nomlomo wake uyabiza izibeto.

7 Umlomo wesidenge uyintshabalaliso kuso, nokuteta kwaso kungumgibe wompefumlo waso.

8 Amazwi omncetezi anjengamanxeba; ayehlela kwezipakati indawo zombilini wona.

9 Kanjalo onqenayo emsebenzini wake, ungumzalwana yena kumciti omkulu.

10 Igama LIKAYEHOVA liyinqaba yamandhla; olungileyo uyabalekela kuyo, anqabe ke.

11 Imfuyo yesityebi isisixeko esinamandhla saso; injengodonga olude ekuzindhleni kwaso.

12 Ingekabiko imbujiswa, inkliziyo yomntu inokuqanqalaza; kanjalo, lungekabiko udumo, luko ululamo.

13 Onika impendulo ngendawo engekayivanga, oko kububudenge kuye nehlazo.

14 Ummoya womntu ungaxasa ubulwelwe bake; kodwa ummoya okedamileyo ngubanina ongawunyamezelayo?

15 Inkliziyo yoqondayo iyaqweba ukwazi; nendhlebe yabalumkileyo iyafuna ukwazi.

16 Ibaso lomntu liyamenzela indawo; liyamkapela ebusweni babakulu.

17 Oteta kuqala kwelake ityala *unga* ulungile; kanti kufika ummelwane wake, amroronye.

18 Iqashiso liyapelisa amapike, lahlule pakati kwabanamandhla.

19 Umzalwana owoniweyo ugqitisele isixeko esinamandhla *ngokungeyiswa; ama*pike *anjalo* anjengomvalo wennqaba.

20 Ngesixakato somlomo womntu, uya kuhlutiswa umbilini wake; ngenzuzo yomlomo wake uya kuhlutiswa.

21 Ukufa nokudhliwa kwobomi kusemandhleni alo ulwimi; nabo balutandayo, baya kudhla isixakato salo.

22 Ofumeneyo umfazi, ufumene into elungileyo; nzuzile imbuko KUYEHOVA.

23 Ihlwempu liyateta imbongozo; kodwa isityebi siyapendula ngobulukuni.

24 Umntu onezihlobo *ezininzi* wozifaka engozini; kodwa kuko umhlobo ogqitisele umzalwana ngokunamatela.

19 IHLWEMPU elihamba ngeunene yalo, lilungile pezu kwalowo ugwenxa ngomlomo wake, esisidenge.

2 Kanjalo, ekungazini kwompefumlo, akuko 'kulungileyo; nonxamayo ngennyawo, uyona.

3 Ububilihili bomntu buyenza gwenxa indhlela yake; ize iqumbele UYEHOVA inkliziyo yake.

4 Ubutyebi buyazuzisa izihlobo ezininzi; kodwa ihlwempu liyahlulwa kummelwane walo.

5 Inqina lobuxoki aliyi kuswela ityala; nopimisela ilwimi, akayi kusinda.

6 Baninzi ababongoza ubuso benkosi; kanjalo bonke bazizihlobo kumntu obasolayo.

7 Bonke abazalwana behlwempu bayalitiya; kangakananina ngakumbi ke izihlobo zalo ukukwelela kude kulo! lipuluma amazwi, akako wona.

8 Ozuzayo ingqiqo, uyatanda owake umpefumlo; ogcinayo ingqondo, wofumana okulungileyo.

9 Inqina lobuxoki aliyi kuswela ityala; nopimisela ilwimi wotshabalala.

10 Ubuyolo abufanelekile kwisidenge; kukancinane kangakananina ngakumbi *kungafanelekile* kwisicaka ukupata abazinkosi!

11 Ubutelekelelo bomntu buyalibazisa ingqumbo yake; bubungewalisa bake ukuxolela isiposo.

12 Umsindo wokumkani unjengokuvungama kwengonyama entsha; kodwa imbuko yake injengombete pezu kwennca.

13 Unyana osidenge ulilishwa loyise; namapike omfazi a*njengo*kucapaza okufuti.

14 Indhlu nemfuyo zililifa livela koyise; kodwa umfazi otelekelelayo uvela KUYEHOVA.

15 Ubuvila buyawisela ebutongweni obukulu; nomntu onqenayo, uya kulamba.

16 Ogcinayo umyalelo, uyagcina owake umpefumlo; odelayo indhlela zake, uya kufa.

17 Owenza ngofefe kolihlwempu, uyaboleka UYEHOVA; nokwenza kwake wokubuyekezela kuye.

18 Yohlwaya unyana wako, nxa kuseko



University of Fort Hare
Together in Excellence

itemba; kodwa ungapakamiseli umpefu-
mlo wako ukumbulala.
19 Onomsindo omkulu wotwala ukwo-
hlwayiwa; ngokuba nangona umhlangu-
layo, uya kubuya upinde noko.
20 Yiva icebo, wamkele imfundiso, u-
kuze ulumke ekupeleni kwako.
21 Kuko amaqinga amaninzi enklizi-
yweni yomntu; kodwa icebo LIKAYEHOVA,
lilo eliya kuma.
22 Inkanuko yomntu ibububele bake;
kanjalo olihlwempu ulungile kolixoki.
23 Ukwoyika UYEHOVA kubang' ubomi:
*onako* wohlala ekoliwe; akayi kuhlelwa
bububi.
24 Ivila liyafihla isandhla salo esityeni;
aliyi kusibuyisela kwa semlonyeni walo.
25 Beta umgxeki, soza silumke iside-
nge; yohlwaya onokuqonda, woqiqa u-
kwazi ke.
26 Ocita uyise, *umhlaumbi* osabisa unina,
ungunyana owenza idano nehlazo.
27 Peza, nyana wami! ukupulapula
imfundiso elahlekisayo kuzo iziteto zo-
kwazi.
28 Inqina lobunginingini liyagxeka u-
bugwebo; nomlomo wabakohlakeleyo uya-
ginya ububi.
29 Imigwebo ilungiselwe abagxeki, ne-
zibeto *zilungis*elwe umhlana wezidenge.

20 IVEYINE ingumgxeki, noselo olu-
namandhla luyadhlongoza; nosukuba
eyoba ngalo akalumkile.
2 Isoyikeko sokumkani sinjengokuvu-
ngama kwengonyama entsha; omqumbi-
sayo uyawona owake umpefumlo.
3 Ukuyeka ipike bubungcwalisa em-
ntwini: kodwa onke amahilihili oba
shushu *kulo*.
4 Ngenuxa yobusika ivila aliyi kulima;
*ngako* lonqiba ekwindhla, kanti akuko 'nto.
5 Icebo enkliziyweni yomntu linga-
manzi anzulu; kodwa umntu wokuqonda
wolirola.
6 Abantu abaninzi boshumayela abanye
ngabanye obabo ububele; kodwa umntu
onyanisekileyo, ngubanina ongamfuma-
nayo?
7 Olungileyo uyahamba ngennene yake;
banetamsanqa ke abantwana bake emva
kwake.
8 Ukumkani ohleli pezu kweterone yo-
kugweba, uyacita konke okukohlakeleyo
ngamehlo ake.
9 Ngubanina ongatshoyo ukuti: Ndico-
kisile inkliziyo yami; ndingcwele kuso
isono sami?
10 Ilitye ngelitye, neyefa ngeyefa, zi-
yintshontsho *ezonto* KUYEHOVA kwa zombini.
11 Kwa umntwana uyaziwa ngezenzo
zake, nokuba ungcwele, nokuba ulungile,
umsebenzi wake.
12 Indhlebe evayo, neliso elibonayo,
UYEHOVA uzenzile kwa zombini.
13 Ungatandi ubutongo, hleze ungene
ebuhlwentshini; vula amehlo ako, uhluti-
swe ngesonka.
14 Imbi! imbi! utsho otengayo; kanti
esakumka, andul' ukuqayisa.
15 Kuko igolide, nento enninzi yerubi;
kodwa umlomo wokwazi uyimpahla enqa-
bileyo wona.
16 Bamba ingubo yake obambele owa-
semzini; utabate umbambiso kuye *obambe*le
abangaziwayo.
17 Isonka senkohliso simnandi emntwi-
ni: kodwa kamva umlomo wake wozaliswa
luhlalutye.
18 Amaqinga ayaqiniswa ngecebo; nga-
ko yenza imfazwe ngamaqinga alumkileyo.
19 Ohambahamba ehleba, uyatyila ama-
hlebo; ngako ungakolani nalowo uhendayo
ngomlomo wake.
20 Otukayo uyise nonina, isibane sake
socinyelwa ebumnyameni obukulu.
21 Imfuyo ingazuzwa 'msinya ekuqa-
leni; kanti ukupela kwayo akuyi kuta-
nyusanqelwa.
22 Ungatsho ukuti: Ndiya kupindezela
ububi; kangela KUYEHOVA, wokusiza yena.
23 Amatye ngamatye ayintshontsho
kuye UYEHOVA; nesilinganiselo senkohliso
asilungile sona.
24 Amanyatela omntu angaye UYEHOVA;
angati nina ke umntu ukuqonda indhlela
yake?
25 Ngumgibe emntwini *ukuba* atete
okuyingcwele ngokunxama, andule ati,
emva kwezibambiso, abuye abuze.
26 Ukumkani olumkileyo uyacita aba-
kohlakeleyo, ayijikelise pezu kwabo ivili.
27 Umpefumlo womntu usisibane SIKA-
YEHOVA, esipengulula zonke indawo zapa-
kati zombilini.
28 Ukumkani uyalondolozwa bububele
nennyaniso; neterone yake uyayisekela
ngobubele.
29 Ubungcwalisa bamadodana ngama-
ndhla awo; nobuhle bamaxego zizimvi.



University of Fort Hare
Together in Excellence

30 Imivimbo yenxeba iyinklambululo kokohlakeleyo, nezibeto *ezifikela* indawo zapakati zombilini.

21 INKLIZIYO yokumkani isesandhleni SIKAYEHOVA *njengayo* imijelo yamanzi; uyayitobela ngakuko konke akutandayo.
2 Yonke imikwa yomntu ifanele kwawake amehlo; kodwa UYEHOVA uyazilinganisa inkliziyo.
3 Ukwenza ubulungisa nobugwebo, kuqasheka KUYEHOVA pezu kwedini.
4 Ukupakama kwamehlo, nokukukumala kwenkliziyo, *n*okukanya kwabakohlakeleyo, kusisono.
5 Amaqinga okuteleyo *ayayelela* ekwandeni kodwa; kanti *awabo* bonke abanxamileyo, ekusweleni kodwa.
6 Ukuzuzwa kwendyebo ngolwimi lwobuxoki, ku*njengo*mmoya opepukileyo wabo bafuna ukufa.
7 Ukubada kwabakohlakeleyo kwobakukulisa; ngokuba bemangala ukwenza ubugwebo.
8 Ondhlela ijikajikayo, ungumntu onetyala; kodwa oyingcwele, umsebenzi wake ufanelekile.
9 Kulungile ukuhlala egumbini pezu kwendhlu, ngasekubeni *kuhlalwe* nomfazi wamapike nasendhlwini yobudhlelana.
10 Umpefumlo wokohlakeleyo uyakanuka ububi; umhlobo wake akafumani ufefe emehlweni ake.
11 Ngokwohlwayiwa kwomgxeki, solumka isidenge; nangokufundiswa kwelumko, liya kwamkela ukwazi.
12 Olungileyo uyanakana indhlu yokohlakeleyo; uyabeyelisela abakohlakeleyo ebubini.
13 Oti vingci indhlebe yake ekukaleni kwehlwempu, kwa yena uya kubiza, angaviwa ke.
14 Isipo emfihlekweni siyadambisa uqumbo, nebaso esifubeni umsindo onamandhla.
15 Kuluvuyo kolungileyo ukwenza ubugwebo; kodwa intshabalalo yoba kubo abenzi benkohlakalo.
16 Umntu olahleka kuyo indhlela yobutelekelelo, uya kuhlala enklanganisweni yabafileyo.
17 Otandayo imihlali woba ngumntu osweleyo; otandayo iveyine neoli akayi kutyeba.
18 Okohlakeleyo woba sisizi ngenxa yolungileyo, nowenza ngobuxoki endaweni yabalungisayo.
19 Kulungile ukuhlala ezweni elilubala, pezu kwokokuba *kuhlalwe* nomfazi wamapike nomsindo.
20 Kuko indyebo enqwenelekileyo neoli ekayeni lolumkileyo; kodwa umntu osidenge uyayigqiba.
21 Oputumayo ubulungisa nobubele, uyafumana ubomi, *n*obulungisa, nodumo.
22 Ilumko liyanyukela esixekweni samaroti, liwise pantsi amandhla etemba laso.
23 Ogcinayo umlomo wake nolwimi lwake, uyagcina umpefumlo wake ebunzimeni.
24 Ovutelene ngokuzidhla, ungumgxeki igama lake; uyenza ngokukukumala kweratshi.
25 Inkanuko yevila yolibulala; ngokuba izandhla zalo zimangala ukusebenza.
26 Immini yonke liyakanuka kakulu: kodwa olungileyo uyapa, angavimbi ke.
27 Umbingelelo wabakohlakeleyo uyintshontsho; kangakananina ngakumbi ke bakuwuzisa ngeqinga elikohlakeleyo?
28 Inqina lobuxoki loti tshabalala; kodwa umntu ovayo, uya kuteta kadeshe.
29 Umntu okohlakeleyo uyabomeleza ubuso bake: kodwa olungisayo, yena woqinisa indhlela yake.
30 Akuko 'bulumko, akuko nangqondo, akuko nacebo, *eliya kuma* ngakuye UYEHOVA.
31 Ihashe liyalungiselwa immini yokulwa; kodwa ulwoyiso loLUKAYEHOVA.

22 IGAMA elilungileyo liqasheka pezu kwobutyebi obukulu, *n*embuko ebubele pezu kwesilivere negolide.
2 Abazityebi nabangamahlwempu bayahlangana; UYEHOVA ungumenzi wabo bonke.
3 Otelekelelayo uyayibona ingozi, azifihle; kodwa izidenge ziyagqita, zenzakale.
4 Umvuzo wolulamo *olu*nokwoyika UYEHOVA, bubutyebi, nodumo, nobomi.
5 Kuko ameva *n*emigibe endhleleni yogwenxa; ogcinayo umpefumlo wake wokwelela kude kuzo.
6 Luleka umntwana ngokufanelene nendhlela yake; woti kwa nokuya amdala, angapambuki kuyo.
7 Isityebi sopata amahlwempu ngobukosi; nomboleki woba sisicaka kulowo aboleka kuye.



University of Fort Hare
Together in Excellence

8 Ohlwayelayo ubumenemene wovuna
ububi; iti intonga yomsindo wake ipele.
9 Oliso libubele, yena wotanyusanqe-
lwa; ngokuba esipa olihlwempu kwisonka
sake.
10 Gxota umgxeki, lopuma ipike nalo;
ewe, kwonqamka impikiswano nehlazo.
11 Otanda ubungcwele benkliziyo, o-
mlomo unofefe, ukumkani ungumhlobo
wake.
12 Amehlo KAYEHOVA ayagcina ukwazi;
kodwa amazwi owenza ngobuxoki wowa-
tshitshisa.
13 Litsho ivila ukuti: Kuko ingonyama
pandhle; ndobulawa ezitarateni.
14 Umlomo wamankazana asemzini usi-
sihogo esinzulu; oqunjelwe NGUYEHOVA,
uya kweyela kona.
15 Ubuhilihili bubotshiwe enkliziyweni
yomntwana; uswazi lwokululeka lwobu-
kwelelisa kude kuye.
16 Obandezelayo ihlwempu ukuba a-
ndise okwake, esipa isityebi, *woza* ngen-
nyaniso ekusweleni.

17 TOBA indhlebe yako, uve amazwi
abalumkileyo, ubekele inkliziyo yako
ekwazini kwami. 18 Ngokuba kuyinto
emnandi, nxa uwagcina embilini wako;
*nxa* aya kulungiselelwa kunye emlonyeni
wako. 19 Ukuze itemba lako libe kuye
UYEHOVA, ndikwazisile *wona* namhla nje,
ewe, wena. 20 Andikubàlelanga na nga-
pambili, ngawo amacebo nokwazi, 21 u-
kuze ndikwazise innene yamazwi ennya-
niso; ukuba uyenze impendulo ngamazwi
ennyaniso kubo abakutumayo?
22 Ungadhli ihlwempu, ngennxa yo-
kuba lilihlwempu; kanjalo ungamncinc-
zeli obandezelweyo esangweni; 23 ngo-
kuba UYEHOVA eya kutetelela ityala labo,
abapange abo bapange bona ubomi.
24 Ungadhlelani nomntu onomsindo;
kanjalo ungahambi nomntu ojalayo; 25
hleze uqele imikwa yako, uze urintyele
umpefumlo wako.
26 Ungabi nababambana izandhla, na-
bambela amatyala. 27 Ukuba akunanto
yokuhlaula, kuyinina ukuba akuhlute u-
kùko lwako ngapantsi kwako?
28 Musa ukushenxisa umlimandhlela
wakudala, lowo bawenzayo oyihlo bako.
29 Uyabona na umntu okuteleyo emsebe-
nzini wake? uya kuma ebusweni boku-
mkani; akayi kuma ebusweni babamnyama.

23 Nxa uhlala pantsi ukuba utye no-
yinkosi, gqala kunene oko kupambi
kwako; 2 uze ubeke isitshetshe emqaleni
wako, ukuba ungumntu obawayo. 3 U-
ngakanuki izimnandi zake; ngokuba ziku-
kutya okuxokisayo.
4 Ungazameli ukuba nobutyebi: ncama
okwako ukuqonda. 5 Wobekisa amehlo
ako ngakubo na, bungeko nje? ngokuba
ngennyaniso buzenzela amapiko; buba-
leka njengokozi ngasezulwini.
6 Ungadhli ukudhla kwoliso likohlake-
leyo, uze ungakanuki izimnandi zake. 7
Ngokuba, njengokuba ekumbula empefu-
mlweni wake, ukwa njalo: Yidhla, usele
nokusela, utsho ke kuwe; kanti inkliziyo
yake ayinawe. 8 Umtamo wako uwudhli-
leyo wobuya uwuhlanze, uze utshabalalise
amazwi ako amnandi.
9 Musa ukuteta ezindhlebeni zesidenge;
ngokuba siya kudela ubuciko bamazwi
ako.
10 Musa ukushenxisa umlimandhlela
wakudala; kanjalo ungangeni emasimini
enkedama: 11 ngokuba umkululi wazo
enamandhla; yena uya kupikela ityala
lazo ngakuwe.
12 Sondeza inkliziyo yako emfundi-
sweni, nendhlebe zako emazwini okwazi.
13 Ungabambi ukwohlwaywa kumntwa-
na; nxa umbeta ngoswazi, akayi kufa. 14
Uya kumbeta ngoswazi, uze usindise um-
pefumlo wake esihogweni.
15 Nyana wami! ukuba inkliziyo yako
ilumkile, yovuya eyami inkliziyo, kwa
eyami. 16 Ewe, izintso zami zovuyelela,
nxa umlomo wako uteta izinto ezifaneleyo.
17 Inkliziyo yako mayingabi namona
ngabo aboni; kodwa ube sekumoyikeni
UYEHOVA imini yonke. 18 Ngokuba
ngennyaniso kuko umvuzo; netemba lako
aliyi kunqunyulwa.
19 Yiva wena, nyana wami! ulumke,
uyihambise inkliziyo yako endhleleni. 20
Ungabi pakati kwabaseli beveyine, *na*pa-
kati kwabo bazinxalayo ngennyama; 21
ngokuba umnxili nozinxalayo beya ku-
ngena ebuhlwentshini; kanjalo ukwozela
kwovatisa ngamajacu.
22 Pulapula uyihlo owakuzalayo; uze
ungadeli unyoko, nxa amdala.
23 Tenga innyaniso, ungatengisi *ngayo;*
*kwa no*bulumko, noluleko, nengqondo.
24 Uyise wolungileyo wogcoba kaku-
lu; nozala olumkileyo wovuya ngaye.



University of Fort Hare
Together in Excellence

25 Uyihlo nonyoko baya kuvuya; ewe,
owakuzalayo uya kugcoba.

26 Nyana wami! ndipe inkliziyo yako;
namehlo ako makagqale indhlela zami. 27
Ngokuba ingnawokazi isisihogo esinzulu,
nenkazana yasemzini ingumnxuma oxine-
neyo. 28 Kanjalo yona iyalalela njenge-
nyangaza; iyandisa abo benzayo ngobu-
xoki pakati kwabantu.

29 Ngubanina onobuhlungu? nguba-
nina onosizi? ngubanina onamapike? ngu-
banina onokukalaza? ngubanina onama-
nxeba kungeko 'tuba? ngubanina onobu-
bomvu bamehlo? 30 Ngabalibala kade
pezu kweveyino; ngabangenayo ukufuna
iveyine epitikeziweyo. 31 Ungakangeli
iveyine nxa ibomvu, nxa ibengezelayo
ebekileni, *nxa* ihlayo kakuhle. 32 Uku-
pela kwayo, iyaluma njengennyoka, iyasu-
zela njengebasiliske. 33 Amehlo ako aya
kukangela amankazana asemzini, nenkli-
ziyo yako yopimisela izinto zobumenemene.
34 Wauya kuba njengolala pantsi pakati
kwolwandhle, nanjengolala pantsi ennca-
meni yemaste. 35 *Woti ke:* Bandibatyule,
andivanga ubuhlungu; bandibetile, ndibe
ndingazi ke: ndiya kuvuka ninina? ndo-
pinda ndiyifune kanjako.

24 Ungabi namona ngabantu abangalu-
ngileyo, kanjalo ungakanuki ukuba
nabo. 2 Ngokuba inkliziyo yabo icama-
nga ubandezelo, nomlomo wabo uyateta
ububi.

3 Indhlu iyakiwa ngobulumko; nangen-
gqondo iyaqiniswa: 4 kanjalo ngokwazi
inkambili ziya kuzaliswa ngobutyebi bo-
nke obunqabileyo obuhle.

5 Umntu olumkileyo unamandhla; ewe,
umntu onokwazi uyomeleza amandhla. 6
Ngokuba ngawo amaqinga alumkileyo uya
kuzenzela imfazwe; kanjalo kuko ingciniso
ebuninzini babacebisi.

7 Ubulumko buyinto epezulu kwihili-
hili; alivuli umlomo walo esangweni.

8 Ocingayo ukwenza ububi, uya kubi-
zwa ngokaba ngumntu wamaqinga akohla-
keleyo.

9 Iqinga lobuhilihili lisisono; kanjalo
umgxeki uyintshontsho ebantwini.

10 *Ukuba* uyaciubuka emhleni wobunzi-
ma, amandhla ako axinene.

11 Ukuba uyalandula ukusindisa abo
barolelwayo ekufeni, nabo bahexelayo eku-
bulaweni; 12 nxa utshoyo ukuti: Bona
ke, besingakwazi oku; olinganisa inkli-
ziyo, akaqondi na yena? ogcinayo umpe-
fumlo wako, akazi na yena? kanjalo akayi
kuvuza abantu njengokwemisebenzi yabo
na?

13 Nyana wami! yidhla ubusi, ngokuba
bumnandi; nenncindi, eyolileyo ekuhla-
ngubo lako. 14 Kwoba njalo ke ukwaziwa
kwobulumko empefumlweni wako: nxa
ubufumeneyo, kwandul' ukubako umvuzo,
netemba lako aliyi kunqunyulwa.

15 Musa, wena *'mntu* okohlakeleyo!
ukulalela ikaya lolungileyo; ungaciti in-
dawo yake yokupumla: 16 ngokuba olu-
ngileyo esiwa kasixenxe, abuye avuke;
kodwa abakohlakeleyo baya kukûbekela
engozini.

17 Nxa utshaba lwako luwayo, unga-
vuyi; naxeshekweni lukûbekayo, mayinga-
gcobi inkliziyo yako; 18 hleze abone UYE-
HOVA, kube kubi emehlweni ake, aze anqa-
nde kulo umsindo wake.

19 Ungaziqumbisi pezu kwabenzi boku-
ngalungileyo; ungabi namona pezu kwa-
bakohlakeleyo; 20 ngokuba kungayi ku-
bako umvuzo kuye ongalungileyo; isibane
sabakohlakeleyo siya kucinywa.

21 Nyana wami! yoyika UYEHOVA noku-
mkani; ungadibani nabo baguquguqukayo;
22 ngokuba ilishwa labo liya kuvuka nge-
baqo; nentshabalaliso yabo bobabini, ngu-
banina oyaziyo?

23 LA*MAZWI* nawo ngawabalumki-
leyo.

Ukugqalisela ubuso ekugwebeni, akulu-
ngile. 24 Otshoyo kokohlakeleyo ukuti:
Ulungile; abantu baya kumnywebelela,
izizwe ziya kumzonda: 25 kodwa kubo
abamohlwayayo, kwoba mnandi; napezu
kwabo kwoza itamsanqa elilungileyo.

26 Kuya kwangwa umlomo walowo
owenza impendulo ngamazwi asekuhle-
ni.

27 Lungisa umsebenzi wako pandhle,
uwulungiselele entsimini yako; wandule
ukwaka indhlu yako.

28 Ungabi linqina ngakuye ummelwane
wako kungeko 'tuba; uya kuhanahanisa
ngomlomo wako yinina? 29 Ungatsho
ukuti: Njengokuba enzo kumi, ndiya
kwenje njalo kuye; ndopindezela emntwini
njengokwomsebenzi wake.

30 Ndadhlula ngasentsimini yomntu o-
livila, nangasemyezweni womntu oswele
ingqondo: 31 kekaloku, bona ke, ubumile-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lwe upela ngamakakakaka; ubuso bawo
bebugujungelwe ngamarau; notango lwa-
matye lwawo lube lucitekile. 32 Ndaza
ndawukangela, ndawubekela inkliziyo ya-
mi; ndawubonela, ndamkela ululeko: 33
Ibe yintwana yobutongo, ibe yintwana yo-
kunqenqa, ibe yintwana yokuxabanisa iza-
ndhla kuze kulalwe; 34 bandul' ukuza
ubuhlwempu bako *njengo*mhambi, noku-
swela kwako njengoxòbileyo.

25 KANJALO nalé yimizekeliso ka-
Solomone; leyo amadoda ka-Hezekiya
ukumkani wo-Juda ayibàlayo.
2 Kubungcwalisa BUKATIXO ukufihla
into; kodwa kubungcwalisa bokumkani
ukupengulula into.
3 Ubude bezulu, nobunzulu bomhlaba,
nenkliziyo yokumkani, azipengululeki *e-
zonto.*
4 Susa amagwebu kuyo isilivere, kwa-
ndul' ukupumela inncibi impahla. 5 Susa
okohlakeleyo ebusweni bokumkani, kwa-
ndul' ukuqiniswa iterone yake ngobulu-
ngisa.
6 Musa ukuzidhla ebusweni bokumkani;
uze ungemi endaweni yabakulu. 7 Ngo-
kuba kulungile ukuba kutshiwo kuwe
ukuti: Nyukela apa; ngapezu kwokuba
utotyelwe ezantsi ebusweni benkosi, ayi-
bonileyo amehlo ako.
8 Unganxameli ukupuma ukuya kupika,
hleze uyenze into ekupeleni kwako, nxa
ummelwane wako akudanisileyo. 9 Pikela
ityala lako nommelwane wako; kodwa
ihlebo lomnye ungalityili: 10 hleze aku-
hlazise olivayo, luze udumo lwako olubi
lungabi semka.
11 Ilizwi elityapileyo ukutetwa, li*nje-
nge*apele zegolide pakati kwesetyenzwa
elibàliweyo lesilivere.
12 *Njengo*msesane wegolide, nesambalo
segolide enkle, u*njalo* umohlwayi olumki-
leyo ngasendhlebeni evayo.
13 Njengokubanda kwengqweqwe nge-
xesha lokuvuna, si*njalo* isigidimi esinyani-
sekileyo kwabasitumayo; ngokuba sibuyisa
umpefumlo wenkosi zaso.
14 Umntu oqayisayo ngebaso lobu-
xoki, u*njenga*mafu nommoya kwakungeko
'mvula.
15 Ngokuqumba kade inkosi iyoyiswa,
nolwimi olutambileyo luyapula itambo.
16 Ufumene ubusi na? yidhla obukwa-
neleyo; hleze udikwe bubo, ude ubuhla-
nze. 17 Unyawo lwako malungabiko futi
endhlwini yomhlobo wako; hleze adinwe
nguwe, ade akutiye.
18 Umntu onqìnayo ubunqìna obubu-
xoki ngakuye ummelwane wake, u*njenge*-
sando, nesirele, notolo olubukali.
19 Ukutemba kowenza ngenkohliso,
ngexesha lobunzima, ku*njenge*zinyo elapu-
kileyo, nonyawo olurunekileyo.
20 Umntu ogwabela inkliziyo enosizi
ngengoma, u*njengo*hluta ingubo ngexesha
lengqele, *nanjenge*yasine pezu kwenetere.
21 Ukuba lowo ukutiyayo ulambile, um-
dhlise isonka; nokuba unxaniwe, umseze
amanzi; 22 ngokuba uya kufumba amala-
hle omlilo pezu kwenkloko yake, NOYEHOVA
uya kukuvuza.
23 Ummoya wasenode uyavelisa imvula;
nolwimi lwokujinda, ubuso obujamileyo.
24 Kulungile ukuhlala egumbini pezu
kwendhlu, ngasekubeni *kuhlalwe* nomfazi
wamapike nasendhlwini yobudhlelana.
25 Indaba ezimnandi zivela ezweni eli-
kude, zi*njenga*manzi abandayo empefu-
mlweni onxaniweyo.
26 Olungileyo ehexa ebusweni bokohla-
keleyo, u*njengo*mtombo oxovulweyo nequla
elonakeleyo.
27 Ukudhla ubusi obuninzi akulungile;
kwa njalo ukuzifunela ubungcwalisa, *asi*
bubo ubungcwalisa.
28 Umntu ongenamandhla okubamba o-
wake ummoya, u*njenge*sixeko esicitiweyo,
esingenaludonga.

26 NJENGAYO ingqweqwe ehlotyeni,
nanjengayo imvula ngexesha lokuvu-
na, kwa njalo udumo alufanelekile kwisi-
denge.
2 Njengehobohobo ekupalapaleni, nanje-
ngenkonjane ekubalekeni, kwa njalo isiqa-
lekiso esingenatuba asiyi kuza kubako.
3 Izwiniya *ilunge*le ihashe, umkala *ulu-
nge*le iqwarashe, noswazi *lulunge*le umhlana
wesidenge.
4 Ungapenduli isidenge njengobuhili-
hili baso, hleze ufane naso kwa wena. 5
Pendula isidenge njengobuhilihili baso,
hleze sibe nokulumka kwawaso amehlo.
6 Otumayo umyalezo ngesandhla sesi-
denge, uyazinqumla innyawo, uyasela ubu-
dhlwengu.
7 Imilenze yesiqwala ibutataka; unjalo
umzekeliso emlonyeni wezidenge.
8 Njengobopayo ilitye *elinqabileyo* esi-



University of Fort Hare
Together in Excellence

saulweni, unjalo lowo onikela isidenge
udumo.
9 *Njenga*meva enyukela esandhleni se-
nxila, unjalo umzekeliso emlonyeni wezi-
denge.
10 Omkulu owadala konke, uyaqesha
isidenge, uyaqesha nabagqiti.
11 Njengokuba inja ibuyela emhlan-
zweni wayo, *kwa njalo* isidenge siyapinda
ubuhilihili baso.
12 Uyabona na umntu elumkile kwa-
wake amehlo? kuko itemba ngaso isidenge
pezu kwake.
13 Litsho ivila ukuti: Kuko ingonyama
endhleleni; ingonyama isezitarateni. 14
Ucango luyajinga pezu kwehinje yalo;
nevila *liyenje njalo* pezu kwomandhlalo
walo. 15 Ivila liyafihla isandhla salo
esityeni; kuyindiniso kulo ukusibuyisela
emlonyeni walo. 16 Kwawalo amehlo ivila
ligqitisile ngobulumko *abantu* abasixenxe
abapendulayo ngengqiqo.
17 Umdhluli oziqumbisayo epikeni eli-
ngelelake, u*njengo*bamba inja ngendhlebe.
18 Njengegeza elijulayo izikuni zomlilo,
nentolo, nokufa; 19 unjalo umntu okohlisa
ummelwane wake, aze ati: Andidhlali na?
20 Apo kungeko 'zinkuni, umlilo uya-
cimeka; nalapo kungeko 'mncetezi, ipike
liyadamba. 21 *Njenga*malahle amnyama
kuwo amalahle atshayo, nenkuni kuwo
umlilo; unjalo umntu wamapike ukupe-
mba impikiswano.
22 Amazwi omncetezi anjengamanxeba;
ayehlela kwezipakati indawo zombilini
wona.
23 Umlomo ovutayo, nenkliziyo ekohla-
keleyo, zi*njengalo* ukamba oluqatyiweyo
ngamagwebu esilivere. 24 Otiyayo uya-
zenzisa ngomlomo wake; nasembilini wake
uyabeka inkohliso. 25 Nxa alenza limna-
ndi ilizwi lake, ungakolwa nguye; ngo-
kuba intshontsho ezisixenxe zisenklizi-
yweni yake. 26 Okutiya kugujungelwa
yinkohliso, inkohlakalo yake iya kutyilwa
enklanganisweni.
27 Ombayo isihogo, uya kweyela kuso;
noqengqelela ilitye, lobuyela ngakuye.
28 Ulwimi lwobuxoki luyatiya abo
bancinezelwayo lulo; nomlomo obutelezi
uyeyelisela.

27 UNGAZIQAYISELI ngemmini ya-
ngomso; ngokuba ungazi okuya ku-
veliswa yimmini.
2 Makudumise wena owasemzini, ku-
ngabi ngowako umlomo; kube ngongazi-
wayo, kungabi lelako ilizwi.
3 Ilitye linzima, nenklabati iyasinda;
kodwa ingcapukiso yehilihili igqitisile
ngobunzima ezo*nto* zombini.
4 Umsindo ububukali, noqumbo lu-
ngumsinga; kodwa ngubanina ongemayo
pambi kwomona?
5 Ukwohlwaywa ekuhleni kulungile
ngapezu kwokutandwa ngasese. 6 Anya-
nisekile amanxeba *enziwayo* ngotandayo;
kodwa ukwanga kwotiyayo kuyandiswa.
7 Umxèlo ohlutiyo uyadela inncindi;
kodwa umxèlo olambileyo, konke okurara
kumnandi kuwo.
8 Njengentaka ebadulayo endhlwini
yayo, unjalo umntu obadulayo endaweni
yake.
9 Ioli nesiqumiso ziyavuyisa inkliziyo;
*buyenje* njalo ubumnandi bomhlobo wom-
ntu, obuvela ekucebeni kwompefumlo.
10 Umhlobo wako, nomhlobo kayihlo,
ungamshiyi; kanjalo ungayi endhlwini
yomkuluwe wako ngemmini yelishwa
lako: ummelwane okufupi ulungile pezu
kwomkuluwe okude.
11 Yiba nobulumko, nyana wami! uvu-
yise inkliziyo yami; ukuze ndibe nento
yokupendula onditukayo.
12 Otelekelelayo uyayibona ingozi, azi-
fihle; *kodwa* izidenge ziyagqita, zenza-
kale.
13 Bamba ingubo yake obambele owa-
semzini; utabate umbambiso kuye *oba-
mbe*le umfazi ongaziwayo.
14 Otamsanqelisayo umhlobo wake nge-
lizwi elikulu, evuka kusasa, kuya kumba-
lelwa ngokuba sisiqalekiso.
15 Ukucapaza okufuti emmini yemvula
enkulu, nomfazi wamapike, ziyafana *ezo-
nto.* 16 Omfihlayo uyafihla ummoya; siti
isandhla sokunene sake sihlangane neoli.
17 Intsimbi iyenza 'bukali intsimbi;
kwa njalo umntu uyenza 'bukali ubuso
bomhlobo wake.
18 Ogcinayo umkiwane, wodhla isiqamo
sawo; nalowo ulindayo inkosi yake, uya
kubekwa.
19 Njengasemanzini ubuso *bulungelelana*
nobuso, kwa njalo inkliziyo yomntu *ilunge-
lelana* nomntu.
20 Incwaba nentshabalalelo azinaku-
ncanyiswa; kwa njalo amehlo omntu aka-
nakuncanyiswa.



University of Fort Hare

21 Imbiza yokucokisa yeyesilivere, nesidhlangalala sesegolide; kwa njalo umntu *ulingeka* ngokudunyiswa kwake.

22 Nakuba ulinqusha ihilihili esinqushweni, pakati kwennqolowa enqushwayo, ngesibulo, alisayi kumkelwa bubuhilihili balo *noko*.

23 Qonda kakulu ukumila kwegusha zako; bekela inkliziyo yako emihlambini.
24 Ngokuba ubutyebi bungesiso isimakade; kwa nekrone ayiyi kubako kwisizukulwana ngesizukulwana. 25 Utyani buyemka, kubonakale uhlaza, kubutwe amahlamvu entaba. 26 Amatakane angawokwambatiswa kwako, nebokwe zilixabiso lentsimi. 27 Kanjalo kwobako amasi ebokwe aya kwanela ukudhla kwako, nokudhla kwendhlu yako, nokupiliswa kwezicakakazi zako.

28 ABAKOHLAKELEYO bayesaba nxa kungasukelwa 'mntu; kodwa abalungileyo banqabile njengengonyama.

2 Ngennxa yokwona kwelizwe ziba zininzi inkosi zalo; kodwa ngennxa yomntu onokuqonda nokwazi, ubume *balo* buya kwolulwa.

3 Umntu olihlwempu obandezelayo amahlwempu, u*njenge*mvula ekukulisayo, kude kungabiko ukudhla.

4 Abashiyayo umteto, bayadumisa abakohlakeleyo; kodwa abagcinayo umteto, bayamelana nabo.

5 Abantu abangalungileyo abaqondi ubugwebo; kodwa abo bamfunayo UYEHOVA bayaqonda izinto zonke.

6 Ihlwempu elihambayo ngemnene yalo, lingqitisele ondhlela zigwenxa, noko asisityebi yena.

7 Obambayo umteto, ungunyana oqondayo; kodwa odhlelana nababawayo, uyahluzisa uyise.

8 Oyandisa imfuyo yake ngokudhla *abanye* nangenzuzo engalungileyo, woyihlanganisela *umntu* oya kukedamela amahlwempu.

9 Oyinqandayo indhlebo yake ukuba angeva umteto, kwa nomtandazo wake woba yintshontsho.

10 Olahlekisa abalungisayo baye endhleleni yobubi, uya kweyela yena kwa sesihogweni sake; kodwa abayinnene bodhla ilifa lokulungileyo.

11 Umntu osisityebi ulumkile kwawake amehlo; kodwa ihlwempu eliqóndayo liya kumpanda.

12 Kuti kwakuvuyelela abalungileyo, kubeko ubungcwalisa obukulu; kodwa kwakupakama abakohlakeleyo, umntu uyafunwa.

13 Ofihlayo izono zake, akayi kutamsanqeleka; kodwa ozixolayo azishiye, wofumana ububele.

14 Unetamsanqa umntu omana esoyika; kodwa oyenza lukuni inkliziyo yake, uya kweyela engozini.

15 Umpati okohlakeleyo pezu kwabantu abangamahlwempu, uyingonyama egqumayo nebere ehambahambayo.

16 Inkosi esweleyo ingqondo, ifuti ekubandezeleni kanjalo; kodwa otiyayo uqwebo olungalungileyo, uya kwolula imihla yake.

17 Umntu obandezelwa ligazi lobomi, uya kubalekela esihogweni; makungabiko omtintayo.

18 Ohambayo ngokulungisa, wosindiswa; kodwa ondhlela zigwenxa, uya kweyela kanye.

19 Olimayo umhlaba wake, wohlutiswa sisonka; kodwa olandela *abantu* abangendawo, wohlutiswa bubuhlwempu.

20 Umntu wennyaniseko uya kwanelwa ngamatamsanqa; kodwa onxamela ukutyeba, akayi kuswela ityala.

21 Ukugqalisela ubuso akulungile; ngokuba umntu *owenje njalo* eya kwona ngennxa yeqekeza lesonka.

22 Onxamela ubutyebi ungumntu oliso likohlakeleyo; kanti akazi ukuba uya kuhlelwa kukuswela.

23 Omohlwaya umntu, woti kamva afumane ufefe ngapezu kwoteta ngobutelezi.

24 Odhlayo uyise nonina, esiti: Asi siso isono; lowo ungumlingane womcitakalisi.

25 Ompefumlo ukukumeleyo, uyavusa ipike; kodwa otembela KUYEHOVA, uya kutyetyiswa.

26 Otembayo eyake inkliziyo, usisidenge yena; kodwa ohambayo ngobulumko, yena uya kusindiswa.

27 Opayo ihlwempu, akayi kuswela; kodwa ofihla amehlo ake, uya kwanelwa ziziqalekiso.

28 Kuti kwakupakama abakohlakeleyo, kuzimele abantu; kodwa bakutshabalala, kwandul' ukwanda abalungileyo.

29 UMNTU onokwohlwaywa futi, oti *noko* enze lukuni intamo *yake*, wobujiswa ngebaqo, kungabiko 'lusizo.



University of Fort Hare
Together in Excellence

2 Nxa abalungileyo basebukulwini, aba-
ntu bayavuya; kodwa kwakupatwa ngoko-
hlakeleyo, abantu bayagula.
3 Umntu otanda ubulumko, uyavuyisa
uyise; kodwa odhlelana nengnawokazi,
uyacitakalisa imfuyo *yake*.
4 Ukumkani uyamisa ilizwe ngobugwe-
bo; kodwa umntu owamkela amabaso uya-
licita.
5 Umntn obongayo ummelwano wake,
uyaneka ntambo emanyateleni ake.
6 Ekwoneni kwomntu okohlakeleyo
kuko umgibe; kodwa olungileyo uya ku-
gcoba avuye.
7 Olungileyo uyalazi ityala lamahlwe-
mpu; *kodwa* okohlakeleyo akayi kugqala
ukulazi.
8 Abantu bokugxeka bayapitizelisa isi-
xeko; kodwa abalumkileyo bayanqanda
umsindo.
9 Umntu olumkileyo akupikisana nom-
ntu olihilihili, nokuba uyajala, nokuba
uyahleka, akuko ukwonwaba noko.
10 Abantu begazi bayatiya oyinnene;
kodwa abalungisayo bayafuna umpefumlo
wake.
11 Isidenge siyapumisa wonke ummoya
wake; kodwa ilumko liyawubamba 'mva.
12 Oyinkosi akupulapula ilizwi lobu-
xoki, bonke abakonzi bake bangabakohla-
keleyo.
13 Ihlwempu nomntu wokubandezela
bayahlangana; UYEHOVA uyakanyisa ame-
hlo abo bobabini.
14 Ukumkani opata amahlwempu ngen-
nyaniso, iterone yake yoqiniswa kude kube
ngunapakade.
15 Uswazi nokwohlwaya kuyanika ubu-
lumko; kodwa umntwana oyekelwayo
uyamhlazisa unina.
16 Kuti kwakwanda abakohlakeleyo,
kwande ukwona; kodwa abalungileyo bo-
kangela ukuwa kwabo.
17 Luleka unyana wako, waeya kukwo-
nwabisa; ewe, wonika umpefumlo wako
iziyoliso.
18 Nxa kungeko umboniso, abantu baba
ngabangevayo; kodwa ogcinayo umteto,
hai itamsanqa lake!
19 Osisicaka akayi kululekwa ngama-
zwi; nakuba aqondayo, akuko impendulo
noko.
20 Uyabona na umntu onokunxama e-
mazwini ake? kuko itemba ngaso isidenge
pezu kwake.
21 Owondhlayo isicaka sako ngobuta-
taka kwa sebuntwaneni, soda sibe ngu-
nyana ekupeleni.
22 Umntu onomsindo uyavusa ipike;
nomntu osisibovubovu ufuti ekwoneni.
23 Iratshi lomntu liya kumtobela pa-
ntsi; kodwa ommoya utobekileyo wozuza
udumo.
24 Owahlulelana nesela, uyatiya owako
umpefumlo; uyeva isiqalekiso, angaxeli
noko.
25 Ukwoyika abantu kwobeka umgibe;
kodwa otembayo UYEHOVA wonriswa en-
nyangweni.
26 Baninzi abafunayo ubuso benkosi;
kodwa ukulungiswa kwabantu kuvela KU-
YEHOVA.
27 Umntu wobumenemene uyintsho-
ntsho kwabalungisayo; kanjalo ondhlela
ilungile uyintshoutsho kokohlakeleyo.

30 AMAZWI ka-Agure unyana ka-Yake;
isiprofitesho. Yateta indoda leyo ku-
Yitiyeli, ku-Yitiyeli no-Yukali.
2 Ngennyaniso ndidolile mina pezu
kwabantu *bonke;* andinako ukuqonda
kwomntu. 3 Ndabendingafundi ubulumko;
nokwaziwa kwoyingcwele andikwazi. 4
Ngubanina onyukeleyo ezulwini, nehlileyo
*kona?* Ngubanina owubutileyo ummoya
ezandhleni zake? Ngubanina obopileyo
amanzi engutyeni? Ngubanina oqinisileyo
onke amancame omhlaba? Ngubanina i-
gama lake, ngubanina negama lonyana
wake, ukuba uyalazi?
5 Onke amazwi KATIXO acocekile; uli-
kaka yena kubo bonke abamtembayo. 6
Musa ukwongeza kuwo amazwi ake, hleze
akwohlwaye, uze ube lixoki.
7 Zimbini izinto endiziceliIeyo kuwo;
ungazibandezi kumi ndingekafi: 8 Kwe-
lelisa kude kumi ubuxoki nolwimi; unga-
ndipi nobuhlwempu nobutyebi; undifu-
nzele ngokudhla okundilungeleyo; 9 hleze
ndibe ndihluti, ndize ndi*ku*kanyele, nditi:
Ungubanina UYEHOVA? okanye hleze ndibe
lihlwempu, ndize ndibè, ndilipate kakubi
igama LOTIXO wami.
10 Unganceteзi isicaka enkosini yaso,
hleze sikuqalekise, uze ube netyala.
11 Kuko isizukulwana esiqalekisayo
uyise, esingamtamsanqelisiyo unina. 12
Kuko isizukulwana esimhlope kwawaso
amehlo, kanti asihlanzwanga ekuncoleni
kwaso. 13 Kuko isizukulwana, anjanina



University of Fort Hare
Together in Excellence

amehlo aso ukuzidhla, nenkope zaso uku-
pakanyiswa! 14 Kuko isizukulwana, a-
mazinyo aso zizirele, namazinyo omhlati
aso zizitshetshe, okudhla amahlwempu
asemhlabeni, nabasweleyo pakati kwa-
bantu.

15 Isimungunyigazi sinentombi ezimbi-
ni, *ezitsho ukuti:* Sipe, sipe! Kuko izinto
zintatu ezingenako ukukoliswa; *ewe*, zinne
ezingatshoyo ukuti: Kwanele. 16 Li-
newaba, nesizalo esivalekileyo; ngumhlaba
ongenakudikwa ngamanzi, nomlilo onga-
tshoyo ukuti: Kwanele.

17 Iliso eligculela uyise, elidela ukuva
unina, onomyai basentilini bolincotula,
namatole okozi olidhla.

18 Kuko izinto zintatu ezindinqabeleyo;
ewe, zinne endingazaziyo: 19 Yindhlela
yokozi esibakabakeni; yindhlela yennyoka
pezu kweliwa; yindhlela yennqanawa
pakati kwolwandhle; nendhlela yendoda
entombini. 20 Injalo indhlela yomrexezi-
kazi; uyadhla, asule umlomo wake, ati:
Andenzanga 'nkohlakalo.

21 Ngennxa yezinto ezintatu umhlaba
uyazanyazanyiswa, nangennxa yezinne
ukohliwe kukuzinyamezela: 22 Ngennxa
yesicaka, sakuba nobukosi; nesityakala,
sakuhluta kukudhla; 23 ngennxa *yen-
kazana* etiyekayo, yakwenda; nesicaka-
kazi, sakuba yindhlalifa yenkosikazi
yaso.

24 Kuko izinto zinne ezinncinane pezu
kwomhlaba, kanti zilumkile zona kakulu:
25 Imbovane zingabantu abangenama-
ndhla, kanti ziyalungisa ukutya kwazo
ehlotyeni. 26 Imbila zingabantu ababu-
tataka, kanti ziyamisa izindhlu zazo eweni.
27 Inkumbi azinakumkani, kanti ziyapuma
zonke ngamabandhlabandhla. 28 Isigcawo
siyabambelela ngezandhla *zaso*, sibako na-
sezingxandeni zokumkani.

29 Kuko izinto zintatu ezilungisa uku-
nyatela; ewe, zinne ezilungisa ukuhamba:
30 Yingonyama, enoburoti pakati kwama-
ramncwa, ingabuyi nakwelinye; 31 yinja
yommoya; nenkunzi yebokwe; noku-
mkani okungeko ukumelana naye.

32 Ukuba wenzile ngobudenge ekuzipa-
kamiseni, nokuba uqingile okukohlake-
leyo, isandhla sibe semlonyeni! 33 Ngo-
kuba ukuncinezelwa kwamasi kuvelisa
innqaka, nokuncinezelwa kwempumlo ku-
velisa igazi; kwa njalo ukuncinezelwa
kwomsindo kuyavelisa impikiswano.

31 AMAZWI ka-Lemuweli ukumkani;
isiprofitesho owabesifundiswa ngu-
nina.

2 Yinto nina, nyana wami? yinto nina,
nyana wesizalo sami? ewe, yinto nina,
nyana wezibambiso zami? 3 Musa uku-
nika amandhla ako kuwo amankazana,
nendhlela zako kuko okutshabalalisayo
okumkani.

4 Akufanele okumkani, Lemuweli! a-
kufanele okumkani ukusela iveyine, nen-
kosi ukukanuka uselo olunamandhla: 5
hleze asele, alibale umteto, aze ajike ityala
lababandezelweyo bonke. 6 Nikani uselo
olunamandhla koza kububa, neveyine kwa-
bampefumlo urara. 7 Makasele, aze ali-
bale ubuhlwempu bake, angabi sakumbula
ubunzima bake.

8 Vulela oliyilo umlomo wako; *wuvulele*
ityala labo bonke abazinkedama. 9 Vula
umlomo wako, lungisa ukugweba, utetelele
olihlwempu nosweleyo.

10 UMFAZI otembekileyo ngubanina
ongamfumanayo? ngokuba ixabiso lake
ligqitisele irubi kakulu. 11 Inkliziyo yen-
doda yake iyatembela kuye, ukuze inga-
sweli inzuzo. 12 Uya kuyenza okulungi-
leyo, angayenzi okubi, yonke imihla yo-
bomi bake. 13 Uyafuna uboya nefelase,
anyamekele ukusebenza ngezandhla zake.
14 Unjengazo innqanawa zabatengi; uya-
zeka ukutya kwake kwa kude. 15 Kanjalo
uyavuka kusesebusuku, aze anike abendhlu
yake ukudhla, nezicakakazi zake okuzimi-
selweyo. 16 Uyacingela intsimi, ayizuze
ke; ngesixakato sezandhla zake uyatyala
umyezo. 17 Uyabinqa isinqe sake nga-
mandhla, azomeleze ingalo zake. 18 Uya-
qiqa ukuba intengo yake ilungile; isibane
sake asicimeki ebusuku. 19 Izandhla zake
uyazolulela kuso isipindele; neminwe yake
iyabamba idistafe. 20 Isandhla sake uya-
sitwabululela olihlwempu, nezandhla zake
uyazolulela osweleyo. 21 Akoyikeli aben-
dhlu yake ngennxa yengqweqwe; ngokuba
bonke abendhlu yake bambesiwe ngen-
gubo ezibomvu. 22 Uyazenzela izigu-
bungelo zokwandhlala; yiqiya eshiceneyo
neyebomvumnyama ukuvata kwake. 23
Indoda yake iyaziwa emasangweni, nxa
ihleli nabadala belizwe. 24 Uyenza ihe-
mpe zeqiya, atengise *ngazo;* nemibinqo
uyayinikela umtengi. 25 Amandhla no-
dumo sisivato sake; kanjalo uyahlekela



University of Fort Hare
Together in Excellence

ixesha elizayo. 26 Uyavula umlomo wake
ngobulumko; nomteto wobubele upezu
kwolwimi lwake. 27 Uyabonela emi-
kweni yabendhlu yake; nesonka sobuvila
akasidhli. 28 Abantwana bake bayasuka,
bambize ngonetamsanqa; *iyasuka* indoda
yake, imdumise: 29 Zininzi intombi eze-
nzileyo ngokukolisa, kodwa wena ugqiti-
sile pezu kwazo zonke! 30 Isoya sibuxoki,
nobunzwakazi buyinto engendawo; *kodwa*
umfazi omoyikayo UYEHOVA, yena uya ku-
dunyiswa. 31 Mnikeni ngokwesixakato
sezandhla zake; eyake imisebenzi mayim-
dumise emasangweni.

# UMSHUMAYELI.

## ISAHLUKO I.

AMAZWI omshumayeli, unyana ka-
Davide, ukumkani e-Yerusaleme.
2 Okungendawo kwokungendawo, utsho
umshumayeli, okungendawo kwokunge-
ndawo; konke kokungendawo. 3 Unen-
zuzo yanina umntu ngawo wonke umzamo
wake azama ngawo ngapantsi kwelanga?
4 *Esinye* isizukulwana siyemka, n*esinye*
isizukulwana siyeza; kodwa umhlaba umi
kude kube ngunapakade. 5 Ilanga nalo
liyapuma, ilanga kanjalo liyatshona, linxa-
mela endaweni yalo apo lipuma kona. 6
Ummoya uya ngasesuyide, uyajikela nga-
senode; uyamana uzunguleza, uze ummoya
ubuyele kuzo injikelezelo zawo. 7 Yonke
imilambo iya elwandhle; ulwandhle alu-
zele noko; londawo imilambo iya kuyo,
ibuya iye kona kanjako. 8 Onke amazwi
anokudinwa; uti umntu akohlwe 'kuwa-
teta; iliso alincanyiswa kukubona, nen-
dhlebe ayizaliswa kukuva. 9 Lonto ebise
iko, yileyo esaya kubako; naleyo ese ye-
nziwe, yileyo esaya kwenziwa: akuko
nanto entsha ngapantsi kwelanga. 10 Ku-
ko into na ekungatiwa ngayo: Bona ke,
yinto entsha le? Ibise iko kade, ngama-
xesha akudala abepambili kuti. 11 Akuko
inkunjulwa yezinto zamatanci; kanjalo ne-
zinto zasemva eziza kubako, akuyi kubako
inkunjulwa yazo pakati kwabo abaya kuza
'mva.

12 MINA, 'mshumayeli, bendinguku-
mkani pezu kwo-Sirayeli e-Yerusaleme.
13 Ndaza ndanikela inkliziyo yami uku-
funa nokupanda ngobulumko konke okwe-
nziwayo ngapantsi kwezulu: lomsebenzi
onzima UTIXO uwunikile konyana babantu,
ukuba bazisebenzise ngawo.
14 Ndagqala yonke imisebenzi eyenzi-
wayo ngapantsi kwelanga; kekaloku bona
ke, yonke ikokungendawo nokukatazeka
kwommoya. 15 Okugotyiweyo akungelu-
ngiswe; nokuswelekileyo akungebalwe.
16 Ndateta nenkliziyo yami, ndisiti:
Mina, bona ke, ndandisile kakulu ubulumko
ngapezu kwabo bonke abebeko pambili
kumi pezu kwe-Yerusaleme; ewe, inkliziyo
yami ikolisile ukugqala ubulumko nokwazi.
17 Ndaza ndanikela inkliziyo yami ukwazi
ubulumko, nokwazi ubugeza nobudenge:
ndaqonda ukuba oku nako kukukatazeka
kwommoya. 18 Ngokuba ebuninzini bo-
bulumko kuko ubuninzi benkatazo; nalowo
owandisayo ukwazi, uyandisa ubuhlungu.
2 Ndati enkliziyweni yami: Yiza ke, ma-
ndikulinge ngemihlali, uze udhle ubu-
yolo: kekaloku bona ke, oku kokunge-
ndawo nako. 2 Ndati ngohleko: Luya-
geza; nangemihlali: Iyenza nina le?
3 Ndafuna enkliziyweni yami ukurola
innyama yami ngeveyine, inkliziyo yami
isakapa ngobulumko; nokubamba ubude-
nge, ndide ndibone ukuba kuyinina oko
kulungele onyana babantu, abaya kukwe-
nza ngapantsi kwezulu, ngenani lemihla
yobomi babo.
4 Ndazenzela imisebenzi emikulu; nda-
zakela izindhlu; ndazityalela amasimi emiti
yeveyine; 5 ndazenzela izitiya nemiyezo,
ndatyala kuzo imiti yeziqamo zonklobo
zonke; 6 ndazenzela amacibi amanzi, ku-
ze kunyelwe ngawo ihlati lihluma imiti;
7 ndazuza izicaka nezicakakazi, ndabendi-
nabo abazelweyo endhlwini yami; kanjalo



University of Fort Hare
Together in Excellence

bendinemfuyo yenkomo nezimvu into en-
ninzi, ingapezu kweyabo bonke abebepa-
mbili kumi e-Yerusaleme ; 8 ndazibutela
kwa nesilivere negolide, nezinto ezinqabi-
leyo zokumkani nezamazwana; ndazizu-
zela abaculi nabaculikazi, neziyoliso zo-
nyana babantu, umfazi nabafazi. 9 Ndaba
mkulu ke, ndanda ngapezu kwabo bonke
abebepambili kumi e-Yerusaleme ; kanjalo
ubulumko bami bebusahleli nami. 10 Na-
ko konke akubizayo amehlo ami andikuba-
mbanga kuwo ; andiyinqandanga inkliziyo
yami nakwomnye umhlali : ngokuba inkli-
ziyo yami ibivuya ngawo wonke umzamo
wami; oku ke bekusisabelwa sami sivela
kuwo wonke umzamo wami. 11 Ndaza
ndabeka ngakuyo yonke imisebenzi ezibe
ziyenzile izandhla zami, nangakuwo umza-
mo endibe ndizamile ngako ukuyenza:
kekaloku bona ke, konke bekukokunge-
ndawo nokukatazeka kwommoya; ewe,
akuko 'nzuzo ngapantsi kwelanga.
12 Ndasuka ndabeka ukungqala ubulu-
mko, nobugeza, nobudenge : ngokuba *eya
kwenza* 'nto nina lowamntu oya kumla-
ndela ukumkani ? kwa oko sekukade kwe-
nziwe. 13 Ndandula ndabona ukuba
ubulumko buyagqitisela ubudenge, kwa
njengokuba ukukanya kugqitisela ubu-
mnyama. 14 Olumkileyo amehlo ake asen-
klokweni yake, kanti osidenge uyahamba
ebumnyameni; sendiyazi noko, kwa mina,
ukuba bohlelwa sisihlo sinye bonke. 15
Ndaza ndati enkliziyweni yami : Njengo-
kuba kuhlela isidenge, kwa njalo kuya ku-
ndihlela kwa mina ; kunganina ke ngoko
ukuba ndigqitisile ngobulumko? Ndandul'
ukuteta enkliziyweni yami ukuti : Oku
kokungendawo nako. 16 Ngokuba ku-
ngeko inkunjulwa kwolumkileyo njenge-
yosidenge kude kube ngunapakade ; ngo-
kokuba, njengapambili, emihleni ezayo
bolityalwa kwa bonke. Hai ke ukufa
kwolumkileyo ukufana nokwesidenge !
17 Ngako ndanditiya ubomi, ngokuba
ubububi kumi lomsebenzi owenziwayo
ngapantsi kwelanga: ngokuba konke ko-
kungendawo nokukatazeka kwommoya.
18 Ewe, ndayitiya yonke inzuzo yami
endiyizameleyo ngapantsi kwelanga, ngo-
kuba ndiya kuyishiyela lamntu oya kubako
emva kwami. 19 Kanti ngubanina owa-
ziyo ukuba woba lilumko, woba ligeza,
kusinina ? Woti ke noko abe namandhla
pezu kwayo yonke inzuzo yami endiyiza-
meleyo, nendenzileyo ngobulumko ngayo,
ngapantsi kwelanga. Oku kokungendawo
nako. 20 Ndaza ndajika ukuyenza inkli-
ziyo yami incame pezu kwawo wonke um-
zamo endazama ngawo ngapantsi kwela-
nga. 21 Ngokuba kuko umntu omzamo
wake ungobulumko, nangokwazi, nango-
kukutala; kanti wowushiyela umntu onga-
zamanga ngawo ube sisabelwa sake. Oku
nako kokungendawo nobubi obukulu. 22
Ngokuba kuyinto nina umntu anako ngawo
wonke umzamo wake, nangako konke uku-
katazeka kwenkliziyo yake, azamile ngawo
ngapantsi kwelanga? 23 Ngokuba yonke
imihla yake ibuhlungu, nomsebenzi wake
uyinkatazo ; kwa sebusuku ayipumli inkli-
ziyo yake. Oku kokungendawo nako.
24 Akuko 'nto elungele umntu *ngapezu*
kwokuba atye, asele, awuvise umpefumlo
wake ubuyolo kuwo umzamo wake. Nda-
yibona nalento ukuba yavela esandhleni
SIKATIXO. 25 Ngokuba ngubanina onga-
tyayo, ngubanina onganxamelayo, nga-
pezu kwami ? 26 Ngokuba umntu olungi-
leyo ebusweni bake emnika ubulumko,
nokwazi, novuyo ; kodwa umoni uyamnika
umsebenzi wokuhlanganisa nokubuta, uku-
ba anike kolungileyo ebusweni BUKATIXO.
Oku kokungendawo nokukatazeka kwum-
moya nako.

3 KUKO umzuzu kuzo zonke izinto, ne-
xesha kuyo yonke imicimbi ngapantsi
kwezulu : 2 ixesha lokuzalwa, nexesha
lokububa ; ixesha lokutyala, nexesha lo-
kudonyula oko kutyaliweyo ; 3 ixesha
lokubulala, nexesha lokupilisa; ixesha lo-
kucita, nexesha lokwaka ; 4 ixesha loku-
lila, nexesha lokuhleka ; ixesha lokukala,
nexesha lokududa ; 5 ixesha lokuposa
amatye, nexesha lokubuta amatye ; ixesha
lokusingata, nexesha lokupepa ukusingata ;
6 ixesha lokufuna, nexesha lokulahlekisa ;
ixesha lokugcina, nexesha lokulahla ; 7
ixesha lokurazula, nexesha lokutungela-
nisa ; ixesha lokuti cwaka, nexesha loku-
teta ; 8 ixesha lokutanda, nexesha loku-
tiya ; ixesha lemfazwe, nexesha loxolo.
9 Unenzuzo yanina lowo osebenzayo,
ngoko azamileyo ngako ?
10 Ndiwugqalile umsebenzi awunikí-
leyo UTIXO konyana babantu, ukuba bazise-
benzise ngawo. 11 Zonke izinto uzenzile
zinkle ngexesha lazo : kanjalo ubunapa-
kade ububekile enkliziyweni yabo, eku-



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngeko 'mntu ongati ngapandhle kwabo afu-
mane umsebenzi awenzileyo UTIXO, eku-
qaleni kude kube sekupeleni. 12 Sendi-
kwazi ukuba akuko 'nto ebalungeleyo,
kupela ukuvuya nokuziyolisa ekudhleni
kwabo ubomi. 13 Nakanjalo, ukuba aba-
ntu bonke batye, basele, badhle ubuyolo
kuwo wonke umzamo wabo, kusisipo SIKA-
TIXO oko. 14 Sendikwazi ukuba konke
akwenzayo UTIXO, oko kwobako kude kube
ngunapakade; akungongezwe 'nto kuko,
akungesuswe 'nto kuko kanjako; uyenje
njalo UTIXO, ukuba kwoyikwe ebusweni
bake. 15 Lonto ekoyo, ibise iko kade,
naleyo iza kubako, ibise iko kade; ngo-
kuba UTIXO ebiza edhlulileyo.

16 Nakanjako, ndabona ngapantsi kwe-
langa indawo yobugwebo, *ukuba* inkohla-
kalo ikona; nendawo yobulungisa, *ukuba*
inkohlakalo ikona. 17 Ndati enkliziyweni
yami: Olungileyo nokohlakeleyo woba-
gweba UTIXO: ngokuba kuko ixesha kuyo
yonke imicimbi nakuyo yonke imisebenzi
kona apo. 18 Ndati enkliziyweni yami,
pezu kwendawo yonyana babantu, kukuba
UTIXO abalinge, nokuba babone ngokwabo
ukuba ba*njengazo* izilo bona. 19 Ngokuba
okuhlela onyana babantu, nokuhlela izilo,
—bahlelwe yinto ekwa 'nnye; njengoku-
fa kwabo bona, kunjalo ukufa kwazo
zona; ewe, banommoya umnye bonke;
kanjalo ukudhlula kwabantu pezu kwezilo
akubonakali; ngokuba bonke bekokunge-
ndawo. 20 Bonke baya endaweni 'nnye;
bonke bavela elutulini, bonke bayabuyela
elutulini kanjako. 21 Ngubanina owaziyo
ummoya wonyana babantu ukuba uyanyu-
kela pezulu na, nommoya wezilo ukuba
uyehlela ngapantsi emhlabeni na? 22 Nga-
ko ndabona ukuba akuko 'nto elungileyo,
ngapezu kwokuba umntu avuye emisebenzi-
ni yake; ngokuba oku kusisabelwa sake;
ngokuba eya kuziswa ngubanina, ukuba
akangele oko okuya kubako emveni kwake?

4 Ndaza ndabuya ndagqala yonke imiba-
ndezelo eyenziwayo ngapantsi kwela-
nga: kekaloku nanziya innyembezi zababa-
ndezelweyo, kanti bebengenamkùzi; nase-
sandhleni sababandezeli babo bekuvela
ubudhlwengu, kanti bebengenamkùzi. 2
Ngako ndancoma abafileyo abakade befile,
ngapezu kwabahleliyo abasahleli ngoku.
3 Ewe, ulungile pezu kwabo bobabini
lowo ongekabiko, ongabonanga okokwenza
okubi okwenziwayo ngapantsi kwelanga.
4 Kanjako, ndagqala wonke umzamo, nako
konke ukukutala emsebenzini, ukuba ngoko
omnye unomona ngomnye. Oku kokunge-
ndawo nokukatazeka kwommoya nako. 5
Isidenge siyaxabanisa izandhla zake, kanti
siyadhla innyama yaso. 6 Isandhla sinye
sizele kukwonwaba, silungile pezu kwazo
izandhla zozibini zizele kukuzama nokuka-
tazeka kwommoya.

7 Ndandula ndabuya ndagqala into
engendawo ngapantsi kwelanga. 8 Kuko
omnye, kungeko owesibini; ewe, akanam-
ntwana, akanamninawe; uti wonke umza-
mo wake ungapeli noko; kwa iliso lake
alincanyiswa bubutyebi; kanjalo *akatsho
ukuti:* Ngubanina endimzamelayo, nendi-
vimba umpefumlo wami ubuyolo? Oku
kokungendawo nako, ewe, ngumsebenzi
onzima. 9 Ababini bagqitisele oyedwa;
ngokuba benomvuzo olungileyo ngenuxa
yomzamo wabo. 10 Ngokuba, uxa bawayo,
omnye eya kupakamisa umlingane wake;
kodwa au yena oyedwa owayo, kungeko
nje owesibini ukuba amsukise! 11 Ka-
njako, ukuba ababini bayalalana, bandulo
ukufudumala; kodwa oyedwa, angati nina
ukufudumala? 12 Kanjalo ukuba *umntu*
uyeyisa yena oyedwa, ababini baya kuma
pambi kwake; uti umsonto osontiweyo
katatu ungaqaulwa kamsinya.

13 Umfana olihlwempu olumkileyo, ulu-
ngile pezu kwokumkani omdala osisidenge,
ongabi sakwazi ukuyalwa. 14 Ngokuba
*omnye* epuma endhlwini yababanjwa ukuba
abe ngukumkani, uxa, kanjalo, ozelweyo
ebukumkanini bake aba lihlwempu. 15
Ndabona bonke abahleliyo abahamba nga-
pantsi kwelanga, kunye nomfana lowo,
owesibini, opakamayo esikundhleni sake.
16 Akuko ukupela kubo bonke abantu,
kubo bonke abepambi kwabo; noko, abo
balandelayo abayi kuvuya ngaye. Ngen-
nyaniso oku kokungendawo nokukatazeka
kwommoya nako.

5 GCINA unyawo lwako uxa uyayo en-
dhlwini KATIXO, ube kufupi ukuba uve,
ngapezu kwokuba ulinike idini lezidenge:
ngokuba zona zingazi ukuba ziyenza oku-
bi. 2 Unganxami ngomlomo wako, nen-
kliziyo yako maingakaulezi ukukupa into
ebusweni BUKATIXO: ngokuba UTIXO esezu-
lwini, kanti wena usemhlabeni: ngako
oko maabe mancinane amazwi ako: 3 ngo-
kuba kusiza ipupa ngobuninzi bomsebenzi,



University of Fort Hare

nokuteta kwesidenge ngobuninzi bamazwi.
4 Xeshekweni usenza isibambiso KUTIXO,
ungalibali ukusifeza; ngokuba engenan-
nyamekelo ezidengeni: oko ubambisile
ngako, kufeze. 5 Kulungile ukuba unga-
bambisi, ngapezu kwokuba ubambise uze
ungafezi. 6 Ungavumeli umlomo wako
ukuba uyenze innyama yako yone; ka-
njako ungatsho ebusweni bengelosi ukuti
sisiposo: kuunganina ukuba UTIXO aqumbele
ukuteta kwako, abubise nomsebenzi we-
zandhla zako? 7 Ngokuba ebuninzini ba-
mapupa kuko nezinto ezingendawo; ziko
na*kuwo* amazwi amaninzi: kodwa wena
yoyika UTIXO.
8 Nxa ubonayo ukubandezelwa kwama-
hlwempu, nokuhlutwa kwobugwebo nobu-
lungisa, elizwaneni, ungati nqa pezu
kwomcimbi lowo: ngokuba kuko opezulu
elinda opezulu, nabapezulu pezu kwabo
bona. 9 Kanjalo inzuzo yomhlaba ingen-
nxa yabo bonke; kwa ukumkani uyance-
dwa ngentsimi.
10 Otandayo imali akakoliswa yimali;
nalowo utandayo ubutyebi *akakoliswa* yin-
zuzo. Oku kokungendawo nako. 11 Nxa
impahla yandayo, bayanda abo bayidhlayo;
kanjalo umniniyo unoncedo lwanina, ku-
pela ukukangela ngamehlo ake? 12 Bu-
mnandi ubutongo bosebenzayo, nokuba
yinto encinane, nokuba yinto enkulu
ayityayo; kodwa ubuninzi bosityebi
abumvumeli ukuba alale ubutongo.
13 Kuko ububi obuhlungu endibuboni-
leyo ngapantsi kwelanga,—ubutyebi bu-
gcinelwe umninibo bube yeyake inzakalo.
14 Ngokuba ubutyebi obo butshabalala
ngendawo yengozi; aze amzale unyana,
uxa angenanto esandhleni sake. 15 Nje-
ngokuba ebepuma esiswini sonina, wobuya
emke ezé, njengokuba ebesiza *njalo;* wae-
ngayi kwamkela nanto ngomzamo wake,
angayipatayo esandhleni sake. 16 Ka-
njako oku bububi obuhlungu nako, *ukuba*
njengendawo zonke zokuza kwake kwoba
njalo ukumka kwake: aze abe nenzuzo
yanina ozameleyo umoya? 17 Kanjalo
imihla yake yonke uyadhla ebumnyameni,
ecapukile, enobuhlungu nengqumbo.
18 Nanku oko ndikubonileyo mina: ku-
lungile, yinto enkle, ukuba *umntu* atye,
asele, adhle ubuyolo kuwo wonke umzamo
wake azamayo ngawo ngapantsi kwelanga,
ngenani lemihla yobomi bake ayipiweyo
NGUTIXO; ngokuba oko kusisabelwa sake.
19 Kanjalo bonke abantu abapiweyo NGU-
TIXO ubutyebi nendyebo, ukuba ubanikile
amandhla okudhla kuzo, nokutabata isabe-
lwa sabo, nokuvuya emzanyeni wabo, ku-
sisipo SIKATIXO oku. 20 Ngokuba engayi
kukumbula kakulu imihla yobomi bake,
ngokuba UTIXO e*m*sebenzisa ngovuyo lwen-
kliziyo yake.

6 KUKO ububi endibubonileyo ngapa-
ntsi kwelanga, obunzima pezu kwaba-
ntu: 2 *nanku* umntu opiweyo NGUTIXO
ubutyebi, nendyebo, nodumo, ude umpe-
fumlo wake ungasweli 'luto kuko konke
akukanukayo, kanti UTIXO akamnikanga
amandhla okudhla kuko, koko owasemzini
ekudhla. Oku kokungendawo nobuhlungu
obubi. 3 Nakuba umntu ebeya kuzala ikulu
*labantwana*, ahlale iminyaka ibe mininzi,
ide ibe yinto enkulu imihla yeminyaka
yake, ukuba umpefumlo wake awukoliswa
bubuyolo, nokuba kanjalo akananewaba,
nditi: Isisu esipumayo silungile pezu
kwake. 4 Ngokuba sisiza ngokungenda-
wo, simka ngobumnyama, ewe, igama laso
ligajungelwa ngobumnyama: 5 kanjako
ilanga asilibonanga, asilazanga: esi sino-
kupumla ngapezu kwalowo. 6 He, ukuba
uyahlala iwaka leminyaka kabini, nobu-
yolo akabuboni,—abayi endaweni 'nnye
bonke na?
7 Wonke umzamo womntu ungennxa
yomlomo wake, kanti umxèlo awuzaliswa
noko. 8 Ngokuba ilumko linenzuzo ya-
nina ngapezu kwesidenge? lineyanina
ihlwempu, elaziyo ukubamba pambi kwa-
bapilileyo? 9 Umbono wamehlo ulungile
pezu kwokudungudela kwompefumlo. Oku
kokungendawo nokukatazeka kwomoya
nako.
10 Lonto ebise iko seibizwe ngegama
layo kade; kanjalo, kuyaziwa ukuba nguye
umntu, nokuba akangepike nalowo um-
dhlulayo ngamandhla. 11 Kuko indawo
ezininzi nje ezikwandisayo okungendawo,
unenzuzo yanina umntu? 12 Ngokuba
ngubanina okwaziyo oko kulungele umntu
ekudhliweni kwobomi, ngenani lemihla
yobomi bake obungendawo, ayidhlulisayo
njengesitunzi? ngokuba ngubanina onga-
xelelayo umntu oko okuya kubako emveni
kwake ngapantsi kwelanga?

7 IGAMA elilungileyo lilungile pezu
kwamafuta amnandi, nomhla wokufa



University of Fort Hare
Together in Excellence

*kwomntu* pezu kwomhla wokuzalwa kwa-
ke.
2 Kulungile ukuya endhlwini yesililo,
ngapezu kwokuya endhlwini yesidhlo;
ngokokuba oko kukukupela kwabantu bo-
nke; woti ke opilileyo akubekele inkliziyo
yake. 3 Usizi lulungile pezu kwokuhle-
ka; ngokuba ngokudana kwobuso ilungi-
swa inkliziyo. 4 Inkliziyo yabalumkileyo
isendhlwini yesililo, kodwa inkliziyo yezi-
denge isendhlwini yemihlali.
5 Kulungile ukuba kuviwe ukutetisa
kwelumko, ngapezu kwokuba umntu eve
ingoma yezidenge. 6 Ngokuba njengoku-
rarazela kwameva ngapantsi kwembiza,
kunjalo ukuhleka kwosidenge. Oku ko-
kungendawo nako. 7 Ngokuba imbande-
zelo imatisa olumkileyo, nebaso liyona-
kalisa inkliziyo. 8 Ukupela kwendawo
kulungile pezu kwokuqala kwayo; uku-
qumba kade kugqitisele ukuqanqalaza. 9
Unganxami ngommoya wako ukuqumba;
ngokuba uqumbo luhleli esifubeni sezi-
denge.
10 Ungatsho ukuti: Bekuyinina ukuba
imihla yamatanci ibilungile pezu kwalé?
ngokuba kungengabulumko ukuba ubuze
ngoku. 11 Ubulumko bulungile kwa nje-
ngelifa; buyinzuzo ke kwabo balibonayo
ilanga. 12 Ngokuba ubulumko sisikuselo,
nemali sisikuselo nayo; kodwa indhluli-
selo yokwazi, kukuba ubulumko bupilisa
abanabo. 13 Gqala umsebenzi KATIXO:
ngokuba ngubanina ongalungisayo oko
akugobisileyo? 14 Uti emhleni wobuta-
msanqa ube nobuyolo, nasemhleni weli-
shwa ugqalo,—*ukuba* kwa lo njengawo na-
lowo uwenzile UTIXO, ngetuba lokuba um-
ntu angafumani 'nto eya kuba ngasemva
kwake.
15 Oku konke ndikubonile emihleni
yami yokungendawo: kuko ilunga elibu-
bayo ekulungeni kwalo; kanjalo kuko
okohlakeleyo ohlala kade enkohlakalweni
yake. 16 Ungabi ulungile ngokuninzi
kakulu; kanjalo ungazenzi olumkileyo
ngokugqitisa; yinina ukuba uzitshabala-
lise? 17 Ungabi ukohlakele ngokuni-
nzi kakulu; kanjalo ungabi lihilihili; yi-
nina ukuba ufe lingekafiki ixesha lako?
18 Kulungile ukuba ubambelele koku, no-
kuba ungayekisi isandhla sako nakoko;
ngokuba lowo umoyikayo UTIXO eya ku-
puma kwezonto zonke. 19 Ubulumko
buyamomeleza olumkileyo, ngapezu kwe-
shumi labanamandhla abakoyo esixekweni.
20 Ngokuba kungeko 'mntu olungileyo
pezu kwomhlaba, okwenza okulungileyo,
angoni.
21 Kanjako, unganikeli inkliziyo yako
kuwo onke amazwi atetwayo; hleze usive
isicaka sako sikutuka: 22 ngokuba isazi
eyako inkliziyo ukuba kwa futi nawe utu-
kile abanye.
23 Konke oku ndikulingile ngobulu-
mko; ndati: Mandibe nobulumko; kodwa
bebukude kumi. 24 Oko okukude, noku-
nzulu kakulu, ngubanina ongakufuma-
nayo? 25 Ndajika mina nenkliziyo yami
ukwazi, nokupanda, nokufuna ubulumko
nobutelekelelo; nokwazi inkohlakalo, *no*-
buhilihili, nobudenge obubugeza. 26 Nda-
za ndamfumana erara ngapezu kwokufa,
lowamfazi onkliziyo izintambo nemigibe,
ozandhla zizinxibo: olungileyo ebusweni
BUKATIXO wosinda kuye; kodwa umoni
wobanjiswa nguye. 27 Bona ke, oku ndi-
kufumene, utsho umshumayeli, ennye into
*ndiyibeka* kwennye ukuba ndiyifumane
ingqibo; 28 oko umpefumlo wami usaku-
funa, kanti andikufumani: indoda innye
pakati kwabaliwaka ndiyifumene, kodwa
umfazi pakati kwabo bonke aba andimfu-
mananga. 29 Kupela, bona ke, oku ndi-
kufumene, ukuba UTIXO wenza umntu
elungile, kodwa bona bafunile amaqinga
amaninzi.

8 NGUBANINA onjengelumko? nguba-
nina owaziyo ukutyilwa kwendawo?
Ubulumko bomntu buyakanyisa ubuso
bake, nokwomelela kwobuso bake kuyagu-
qulwa.
2 Ndi*ti*: Gcina umteto wokumkani; ewe,
ngennxa yesifungelo SIKATIXO. 3 Ungemki
ebusweni bake ngokunxama; ungapakami
ngennxa yelizwi elibi; ngokuba ekwenza
konke akutandayo: 4 ngokokuba ilizwi
lokumkani linamandhla; kanjalo nguba-
nina oya kuti kuye: Kuyinto nina ukwe-
nzayo? 5 Ogcinayo umyalelo akalazi ilizwi
elibi. Kanjako inkliziyo yolumkileyo iyazi
ixesha nokugweba: 6 ngokuba kuyo yonke
imicimbi kuko ixesha nokugweba; ngo-
kuba ububi bomntu bunzima pezu kwake.
7 Ngokuba engakwazi oko okuya kubako;
ngokuba ngubanina ongamxelelayo ukuba
kwobako ninina? 8 Akuko 'mntu onama-
ndhla pezu kwommoya, okuba awubambe
ummoya; kanjako akuko onamandhla pezu


University of Fort Hare

13 Obubulumko nabo ndibubonile nga-
pantsi kwelanga, obanga bukulu kumi :
14 Bekuko isixeko esincinane, namadoda
akuso abelula; kwaye kusiza kuso uku-
mkani omkulu, wasiraula, wazaka inuqaba
ngakuso. 15 Kwaza kwafunyanwa kuso
ihlwempu elilumkileyo, elasindisa isixeko
eso ngobulumko balo; kodwa akwabiko
'mntu owakumbula elohlwempu. 16 Ndati
ngoko : Ubulumko bulungile pezu kwama-
ndhla; noko ke ubulumko behlwempu bu-
yadelwa, namazwi alo akaviwa.
17 Amazwi abalumkileyo ayaviwa ngo-
kwonwaba, ngapezu kwomemezo lwompati
pakati kwezidenge : 18 ubulumko bulungile
kwizixòbo zemfazwe : kodwa umoni 'mnye
uyabubisa into enninzi yokulungileyo.
10 Impukane ezifileyo ziyenza amafuta
amnandi anuke abile ; ubudenge obu-
ncinane bugqitisile ubulumko *n*odumo ngo-
kuba bunzima.
2 Inkliziyo yolumkileyo ingasekunene
kwake ; kanti inkliziyo yosidenge ingase-
kohlo kwake. 3 Ewe, nasendhleleni, nxa
isidenge sihambayo, siswele inkliziyo yaso,
siti ke ngabo bonke, bazizidenge.
4 Xa ummoya wompati uvuka ngakuwe,
ungashiyi indawo yako; ngokuba ululamo
lupezisa izono ezikulu.
5 Kuko ububi ndibubonile ngapantsi
kwelanga, njengesiposo esipumayo kwa
sebusweni benkosi : 6 Ubudenge bubekiwe
ebukulwini obuninzi, nabazityebi bahleli
ebupantsini. 7 Ndibonile izicaka zisema-
hasheni, nenkosana zihamba njengezicaka
emhlabeni.
8 Owumbayo umnxuma uya kweyela
kuwo ; nocitayo udonga, innyoka iya
kumluma. 9 Onqikela amatye wozibulala
ngawo; ocandayo imiti woba semgcipe-
kweni ngayo. 10 Ukuba intsimbi ibutu-
ntu, nohlangoti akaluloli, uya kwandula
andise amandhla; kodwa into encedayo
ukulungisa bubulumko. 11 Ukuba innyo-
ka iya kuluma kungeko 'kunyanga, akuko
'luncedo kulowo unyangayo.
12 Amazwi omlomo welumko *abang'*
ufefe; kodwa umlomo wesidenge wosibu-
bisa : 13 ukuqala kwamazwi omlomo waso
bubudenge, nokupela kwomlomo waso bu-
bugeza obubi. 14 Kanjalo isidenge siya-
ndisa amazwi, *noko* kungeko 'mntu owaziyo
oko okuza kubako, nokuya kubako em-
veni kwake; ngubanina ongamxelelayo ?
15 Umzamo wosidenge uyamdinisa, ngo-
kuba engazi ukuti nina ukuya esixe-
kweni.
16 Hai ilishwa lako, lizwe! akuba uku-
mkani wako engumntwana, nenkosana
zako zisidhla kusasa. 17 Hai itamsanqa
lako, lizwe! akuba ukumkani wako engu-
nyana wamatshawe, nenkosana zako zisi-
dhla ngexesha elifanelekileyo, ngennxa
yokwomelela, kungengennxa yokusela. 18
Ngobuvila imiqadi iyonakala, nangoku-
nqena kwezandhla indhlu iyaneta. 19
Bayenza isidhlo ngennxa yokuhleka, iti
iveyine ivuyise ukudhliwa kwobomi; ka-
njalo imali iyazuzisa oko konke. 20
Zungamtuki ukumkani nasekucamangeni
kwako; nosityebi ungamtuki enkambilini
yako yokulala; ngokuba intaka yezulu iya
kuhambisa ilizwi, nento enamapiko iya
kuxela indawo.
11 POSA isonka sako pezu kwobuso ba-
manzi; ngokuba uya kusifumana em-
veni kwemihla emininzi: 2 nika isabe-
lwa kwabasixenxe, ewe, nakwabasibozo;
ngokuba ungazi lilipina ilishwa eliya ku-
bako emhlabeni.
3 Nxa amafu azele yimvula, ayayitulula
pezu kwomhlaba; naxeshekweni umti u-
wayo ngasesuyide, umhlaumbi ngasenodo,
endaweni apo uwileyo umti lowo, uya ku-
bako kona. 4 Olindayo ummoya, akayi
kuhlwayela; nokangelayo amafu, akayi
kuvuna. 5 Njengokuba ungazi ukuba
iyinina indhlela yommoya, njengokuba
*ungazi* amatambo asesizalweni somitiyo,
kwa njalo akuwazi umsebenzi UTIXO o-
kwenzayo konke. 6 *Ngako* kusasa hlwa-
yela imbewu yako, nangokuhlwa ungapu-
mzi isandhla sako; ngokuba ungazi ukuba
yiyipina eya kuhluma, ukuba yilé, ukuba
yileyo, kusinina; nokuba ziya kufana uku-
lunga zombini na.
7 Kwa njalo ukukanya kwoba mnandi;
ewe, kwoba yinto elungileyo emehlweni
ukubona ilanga. 8 Kodwa nokuba umntu
uya kuhlala iminyaka ibe mininzi, avuyo
kuyo yona yonke, makakumbule noko imi-
hla yobumnyama, ukuba iya kuba mininzi;
konke okuzayo kokungendawo.
9 Vuya, ndodana! ebutsheni bako, iti
ke inkliziyo yako ikucwayitise emihleni
yobudodana bako, uhambe ngendhlela zen-
kliziyo yako, nangombono wamehlo ako:
yazi ke kodwa, ukuba, ngennxa yezi-
zinto zonke, UTIXO wokuzisa ekugwebeni.



University of Fort Hare

10 Ngako shenxisa usizi enkliziyweni yako,
nobubi bukwelelise ennyameni yako: ngo-
kuba ubutsha nobudodana kokungendawo.
12 Uze ukumbule umdali wako emihleni
yobutsha bako, ingekafiki imihla yo-
bubi, ingekasondeli iminyaka oya kuti
ngayo: Ayindiyoleli: 2 kungekenziwa
'mnyama ilanga, nokukanya, nennyanga,
nenkwenkwezi; engekabuyi amafu emveni
kwemvula; 3 emhlenikweni abagcini ben-
dhlu baya kungcangcazela, ati amadoda
amandhla azigobe, nabasili banqumame
ngokuba bebancinane, nabakangelayo nge-
fenstile benzwe 'mnyama, 4 nengcango zi-
valwe esitarateni, sakuba isandi sokusila
sitambile, aze avuke ngelizwi lentaka, ziti
zonke intombi zokucula zitotywe; 5 *nxa*
kanjako baya kwoyika into ende, nezi-
tuso zisendhleleni, siti isamonde sidelwe,
nenkumbi ibe ngumtwalo, nenkanuko
itshitshe; ngokuba umntu esiya ekayeni
lake elingunapakade, nabalili bayahamba-
hamba esitarateni: 6 ingekaqauki inta-
mbo yesilivere, ingekatyumki indebe yego-
lide, ungekaqekezwa umpanda emtonjeni,
ingekatyunyuzwa ingqengqeleko ngasequ-
leni, 7 lwandule utuli lubuyele emhlabeni
njengokuba belunjalo, nommoya ubuyele
KUTIXO owawunikayo.

8 OKUNGENDAWO kwokungendawo,
utsho umshumayeli, konke kokungendawo.
9 Nangapandhle kwokokuba umshuma-
yeli ebengolumkileyo, wati kanjako waba-
fundisa abantu ukwazi; ewe, wabencabe-
nca, wapengulula, walungisa imizekeliso
emininzi. 10 Wafuna umshumayeli uku-
fumana amazwi akolekileyo, waza wabàla
ngolungelelwano amazwi ennyaniso. 11
Amazwi abalumkileyo anjengezihlaba,
*na*wabapati benklanganiso anjengeziko-
nkwane eziqinisiweyo, anikiwe*yo* nguma-
lusi emnye. 12 Nangapandhle kwezi-
*zinto*, nyana wami! zuyaleke: akuko 'ku-
pela kwokuzenza incwadi ezininzi:
kanjalo ufundo oluninzi luyindiniso kwin-
nyama.
13 Ukugqibela kwendawo, okwayo yo-
nke, masikuve: Yoyika UTIXO, nemiyalelo
yake uyigcine; ngokuba oku bonke abantu
*ngebekwenza*. 14 Ngokuba izenzo zonke
eya kuzizisa UTIXO ekugwebeni, kunye
nezinto zonke ezifihlakeleyo, nokuba zi-
lungile, nokuba zikohlakele.

# INGOMA KASOLOMONE.

## ISAHLUKO I.

INGOMA yengoma, eyeka-Solomone.
2 Makandange ngokwanga kwomlomo
wake: ngokuba utando lwako lumnandi
pezu kweveyine. 3 Amafuta ako amna-
ndi ngevumba; igama lako li*njenga*ma-
futa atululwayo; kukona intombi ziku-
tandayo. 4 Ndirole, sobaleka emva kwako:
ukumkani undingenisile ezinkambilini
zake; siya kugcoba sivuye ngawe; utando
lwako soluncoma ngapezu kweveyine; aba-
lungileyo bayakutanda.
5 Ndimnyama, ndinobuhle noko, nina
'zintombi zase-Yerusaleme! njengentente
zakwa-Kedare, njengezikuselo zika-Solo-
mone. 6 Ungandikangeli 'kuba ndimnya-
mara, ngokuba ilanga lindibalelele: bati
onyana bakamá bandiqumbela, bandenza
umlindi wemiyezo; owami umyezo andi-
wulindanga. 7 Ndixelele, wena utandwayo
ngumpefumlo wami! kupina apo walu-
sayo? kupina apo ubutumisa kona em-
mini enkulu? ngokuba kunganina ukuba
ndibe njengogqubuteleyo, ngasemihlambini
yamakolwane ako?
8 Ukuba akwazi, wena 'mhle pakati
kwamankazana! puma uye emikondweni
yomhlambi, uwaluse amatakane ako ngase-
zintenteni zabalusi.
9 Ndikufanisile, sihlobokazi sami! neha-
she lami pakati kw*a*wennqwelo zika-Faro.
10 Zihle izidhlele zako pakati kwezitsaba,
nentamo yako pakati kwezidanga. 11 So-
kwenzela izitsaba zegolide, kunye nama-
qulana esilivere.
12 Nxa ukumkani angasetafileni yake,
inadusi yami iyanika ivumba layo. 13 Si-
siqunyana semore isitandwa sami kumi,



University of Fort Hare
Together in Excellence

esihlala pakati kwamabele ami. 14 Sisipa
sentyatyambo zekofere isitandwa sami ku-
mi, emiyezweni yase-Hene-gedi.
15 Bona ke, umhle, sihlobokazi sami!
bona ke, umhle; amehlo ako ngamahobe.
16 Bona ke, umhle, sitandwa sami! ewe,
umnandi: kanjalo umandhlalo wetu ulu-
hlaza; 17 imiqadi yendhlu yetu zisedare;
isifulelo setu ziberoshe.

2 Ndiyimbali yasetafeni, ndiyinnyibiba
yasemihlanjeni.
2 Njengennyibiba pakati kwemitolo, si-
njalo isihlobokazi sami pakati kwentombi.
3 Njengomti weapele pakati kwemiti ye-
hlati, sinjalo isitandwa sami pakati kwama-
dodana. Ndiyanqwenela ukuhlala pantsi
emtunzini wawo, kanjalo isiqamo sawo
siyolile ekuhlangubo lami. 4 Sandizisa
endhlwini yeveyine, nebanile yaso pezu
kwami ibilutando. 5 Ndixaseni ngezo-
nkana, ndomelezeni ngeapele; ngokuba
ndisifa lutando. 6 Isandhla saso sokohlo
masibe ngapantsi kwenkloko yami, neso-
kunene saso sindisingate. 7 Ndiyanifu-
ngisa, nina 'zintombi zase-Yerusaleme!
ngamabadikazi, nangamaxamakazi asen-
dhle, ukuba ningavusi, nokuba ningavu-
seleli utando *lwami*, lude luvume.

8 ILIZWI lesitandwa sami! Nasiya
sisiza, sitsiba pezu kwentaba, sixùma pezu
kwenduli. 9 Isitandwa sami siyafana ne-
badi, umhlaumbi netole lamaxama: nasiya
simi emva kwodonga lwetu, sikangela nge-
situba, silunguza ngefenstile. 10 Sateta
isitandwa sami, sati kumi: Suka, sihlobo-
kazi sami, nzwakazi yami, uhambe! 11
Ngokuba, bona ke, ubusika bugqitile,
imvula itulile, imkile. 12 Intyatyambo
zibonakele emhlabeni; ixesha lokucula
lifikile; nelizwi lezuba livakele elizweni
letu. 13 Umkiwane uyabonxisa amaki-
wane awo aluhlaza; nemiti yeveyine inen-
tyatyambo, iyanika ivumba. Suka, sihlobo-
kazi sami, nzwakwazi yami, uhambe! 14
Hobekazi lami! emifanteni yeliwa, enda-
weni yokufihlela yombà, mandibone ubuso
bako, mandilive ilizwi lako; ngokuba ilizwi
lako limnandi, nobuso bako bunobuhle.
15 Sibambeleni impungutye, impungu-
tye ezinncinane, ezonakalisayo imiyezo;
ngokuba imiyezo yetu inentyatyambo.
16 Isitandwa sami sisesami, ndingowaso
mina, esalusa pakati kwazo innyibiba. 17
Xeshekweni kupola immini, abaleke ama-
tunzi, buya, sitandwa sami! uxelise ibadi,
umhlaumbi itole lamaxama, pezu kwentaba
zokwahlula.

3 Pezu kwesilili sami ebusuku, ndafuna
lowo umpefumlo wami umtandayo;
ndamfuna, kanti andamfumana. 2 *Ndati:*
Ndosuka ke, ndihambahambe esixekweni,
ezitarateni nasezindaweni ezibanzi; ndiya
kumfuna lowo umpefumlo wami umta-
ndayo: ndamfuna, kanti andamfumana. 3
Abalindi abahambahambayo esixekweni
bandifumana; *endati kubo:* Nimbonile na
lowo umpefumlo wami umtandayo? 4
Bekungumganyana kodwa bendigqitile
kubo, xeshekweni ndamfumana lowo um-
pefumlo wami umtandayo; ndambamba,
bendingavumi ukumyeka, ndada ndamzisa
endhlwini kamá, nasenkambilini yowandi-
zalayo. 5 Ndiyanifungisa, nina 'zintombi
zase-Yerusaleme! ngamabadikazi, nanga-
maxamakazi asendhle, ukuba ningavusi,
nokuba ningavuseleli utando *lwami*, lude
luvume.

6 YINTO nina le inyuka elubala, nje-
ngemiqulu yomsi, iqunyiselwe ngemore
nangenklakamhlope, ngezicoleko zonke
zomtengi? 7 Bona ke, yipalankine yake
u-Solomone: amaroti angamashumi mata-
ndatu ayayingqonga, kuwo amaroti akwa-
Sirayeli: 8 onke epete izirele, eqelene
nokulwa; amanye ngamanye enezirele
zawo ngasematangeni awo, ngennxa yezo-
yikiso ebusuku. 9 Uzenzele ipalankine
ukumkani, u-Solomone, ngemiti yase-
Lebanone. 10 Intsika zayo wazenza nge-
silivere, isixaso sayo ngegolide, isihlalo
sayo ngesibomvu; umpakati wayo usetye-
nziwe ngotando zintombi zase-Yerusaleme.
11 Pumani, nina 'zintombi zase-Ziyone!
niye kumkangela ukumkani, u-Solomone,
enekrone owamvatisa ngayo unina ngomhla
wokutshata kwake, nangomhla wokuvuya
kwenkliziyo yake.

4 Bona ke, umhle, sihlobokazi sami! bona
ke, umhle; amehlo ako ngamahobe
ngasemva kwesigqubutelo sako; inwelo
zako zinjengomhlambi webokwe ezibona-
kalayo entabeni ye-Gileyadi. 2 Amazinyo
ako anjengomhlambi *wegushakazi* ezice-
tyiweyo, ezinyukayo endaweni yokuhla-
mbela, eziti zonke ngezinnye zizale ama-
wele, nekungeko pakati kwazo efelweyo.
3 Udebe lwako' lunjengomsonto wesibo-
mvu, nomlomo wako unobuhle; isidhlele



University of Fort Hare

sako sinjengeqezu legranate ngasemva kwe-
sigqubutelo sako. 4 Intamo yako inje-
ngennqaba ka-Davide, eyakelwa izixòbo;
amakakana aliwaka axòmekile pezu kwayo,
inklobo zonke zamakaka amaroti. 5 Ama-
bele ako omabini anjengamatole mabini
engamawele ebadikazi, adhlayo pakati
kwazo innyibiba.

6 Xeshekweni kupola immini, abaleke
amatunzi, ndoya entabeni yemore, nasen-
dulini yenklakamhlope.

7 Umhle kanye, sihlobokazi sami! aku-
ko 'bala kuwe. 8 Wopuma nami e-Leba-
none, mtshakazi! *wopuma* nami e-Lebanone;
uya kusuka engcotsheni ye-Amana, en-
gcotsheni ye-Shenire ne-Heremone, ezinda-
weni zokuhlala zengonyama, ezintabeni
zezingwe. 9 Undikalipisile, dade wami,
mtshakazi! undikalipisile, ngelinye la-
mehlo ako, ngesambalo sinye sentamo
yako. 10 Lumnandi kangakananina uta-
ndo lwako, dade wami, mtshakazi! lulungile
kangakananina utando lwako ngapezu
kweveyine! nevumba lamafuta ako nga-
pezu kwezimnandi zonke! 11 Udebe
lwako, mtshakazi! luyatontsela innciudi;
ubusi nobisi lungapantsi kwolwimi lwako;
nevumba lezivato zako linjengevumba le-
Lebanone. 12 Usisitiya esivalelweyo,
dade wami, mtshakazi! ulitende elivi-
ngcelweyo, umtombo oncanyatiselweyo.
13 Izityalo zako zingumyezo wegranate,
kunye neziqamo ezimnandi; ikofere, ku-
nye nenadusi; 14 inadusi nesafrone, ika-
lame nekinamone, kunye nemiti yonke
yenklakamhlope; imore neyahali, kunye
nezimnandi zonke ezidumileyo; 15 um-
tombo wezitiya, iqula lamanzi apilileyo,
nezelo zivela e-Lebanone. 16 Vuka, moya
wasenode! uze ke, moya wasesuyide! qu-
tela isitiya sami, apume ko amavumba aso
amnandi.

Masingene esitiyeni saso isitandwa sami,
sidhle iziqamo zaso ezimnandi.

5 Ndingenile esitiyeni sami, dade wami,
mtshakazi! ndikile imore yami kunye
nesimnandi sami; ndityile innciudi yami
kunye nobusi bami; ndiselile iveyine yami
kunye nobisi lwami.

Yidhlani, bahlobo! selani, nikolise uku-
sela, batandwa!

2 BENDILALA 'butongo, kodwa ya-
papama inkliziyo yami: Ilizwi lesita-
ndwa sami! siqongqota! Ndivulele, dade
wami, sihlobokazi sami, hobekazi lami,
mcocwakazi wami! ngokuba inkloko yami
izele ngumbete, nezihlita zami ngamatontsi
obusuku. 3 Ndisusile isivato sami; se-
ndiya kuti nina ukusifaka? ndihlanzile
innyawo zami; sendiya kuti nina uku-
zidyoba?

4 Saye isitandwa sami sisusa isandhla saso
esitubeni *socango*, waza umbilini wami
wanesitukutezi ngennxa yaso. 5 Ndesuka
ke ukuya kuvulela isitandwa sami; zati
izandhla zami zatontsela imore, neminwe
yami imore epupumayo, pezu kwezipato
zomvalo. 6 Ndavulela isitandwa sami;
kodwa isitandwa sami sasishenxile, besi-
dhlulile: wawa umpefumlo wami saku-
teta: ndasifuna, kanti bendingasifumani;
ndasibiza, kanti besingandisabeli. 7 Ba-
ndifumana abalindi abahambahambayo
esixekweni, bandibeta, bandenzela inxeba;
abagcini bendonga bandihluta isilengale-
nga sami. 8 Ndiyanifungisa, nina 'zin-
tombi zase-Yerusaleme! nxa niya kusifu-
mana isitandwa sami, nosixelela 'nto nina?
*Sixelele* okokuba ndiyafa lutando.

9 Siyinto nina isitandwa sako ngapezu
kwesitandwa *somnye*, wena 'mhle pakati
kwamankazana? Siyinto nina isitandwa
sako ngapezu kwesitandwa *somnye*, ukuba
usifungisile ngokunjalo?

10 Isitandwa sami simhlope, sibomvu-
ra; singowazekileyo ngapezu kwama-
waka alishumi. 11 Inkloko yaso *inga* iyi-
golide ecokisiweyo, izihlita zaso ezilenga-
lengayo zimnyama njengonomyai. 12
Amehlo aso anjengamahobe ngasemilanja-
neni yamanzi, ehlamba elubisini, ehleli
ekuzaleni. 13 Izidhlele zaso zinjengen-
dima yebeseme, *njeng*endawo ezipakami-
leyo zezityalo ezimnandi; umlomo waso
*unjeng*ennyibiba, utontsela imore epupu-
mayo. 14 Izandhla zaso *zinjeng*emisesane
yegolide, ifakelwe *ngamatye* etareshishe;
isisu saso *sinjeng*opondo lwendhlovu olu-
gudisiweyo, lugujungelwe *ngamatye* esafire.
15 Imilenze yaso *injeng*entsika zelitye
elimhlope, zimisiwe pezu kweziseko zego-
lide ecokisiweyo. Ukubonakala kwaso
kunjenge-Lebanone; sidhlulisile njengese-
dare. 16 Ikuhlangubo laso liyolile kunene;
he, isiqu sonke sitandekile kakulu. Sinjalo
isitandwa sami, ewe, sinjalo isihlobo sami,
nina 'zintombi zase-Yerusaleme!

6 Siye ngapina isitandwa sako, wena
'mhle pakati kwamankazana? sijikele



University of Fort Hare
Together in Excellence

ngapina isitandwa sako? ukuze sisifune
kunye nawe.
2 Isitandwa sami sihlile ukuya esitiyeni
saso, ezindimeni zebeseme, ukudhla eziti-
yeni, nokuka innyibiba. 3 Mina ndingo-
wesitandwa sami, nesitandwa sami sise-
sami: siyalusa pakati kwazo innyibiba.
4 Umhle wena, sihlobokazi sami, njenge-
Tiretsa, unobuhle njengo-Yerusaleme, uno-
kwoyikeka njeng*emikosi* ezipete ibanile. 5
Nqanda amehlo ako kumi, ngokuba ndi-
seyiswa ngawo; innwele zako zinje-
ngomhlambi webokwe ezibonakalayo e-
Gileyadi. 6 Amazinyo ako anjengom-
hlambi wegushakazi, ezinyukayo endaweni
yokuhlambela, eziti zonke ngezinnye zizale
amawele, nekungeko pakati kwazo efe-
lweyo. 7 Isidhlele sako sinjengeqezu
legranate ngasemva kwesigqubutelo sako.
8 Kuko okumkanikazi abamashumi mata-
ndatu, namashweshwe angamashumi asi-
bozo, nentombi ezingenakubalwa. 9 Um-
nye lowo olihobekazi lami, umcocwakazi
wami; lowo ungokupela kwonina, lowo
ungotandekileyo kowamzalayo. Zambona
intombi, zambiza ngonetamsanqa; kwa
okumkanikazi, namashweshwe, bamdumisa,
*besiti:* 10 Ngubanina lo oti gqi njengo-
kusa, emhle njengennyanga, emhlope nje-
ngelanga, esoyikeka njeng*emikosi* ezipete
ibanile?
11 Ndehlela esitiyeni senote, ukuya
kukangela imifuno yasentilini, ukubona
ukuba umti weveyine uyaqumba na, ukuba
igranate ziyahluma na. 12 Ndingekazi
ke, wati umpefumlo wami wandibeka
*pakati* kwennqwelo zabantu bami abadu-
mileyo.
13 Buya, buya, Mshulemekazi! buya,
buya, ukuba sikubonele.
Yinina ukuba nimbonele um-Shuleme-
kazi, njengomdudo wezinklu 'mbini.

7 Hai ukuba 'nkle kwennyawo zako ezi-
hlangwini, ntombi edumileyo! Izazinge
zamatanga ako zinjengezambalo, umsebenzi
wezandhla zenncibi. 2 Inkaba yako i*nje-*
*ng*endebe eyinnqukuva, engasweli iveyine
epitikeziweyo; isisu sako si*njengo*mlu
wennqolowa, ebiyelweyo ngennyibiba. 3
Amabele ako omabini anjengamatole ma-
bini engamawele ebadikazi. 4 Intamo
yako injengennqaba yopondo lwendhlovu;
amehlo ako a*njenga*macibi e-Heshebone,
ngasesangweni le-Bate-rabime; impumlo
yako injengennqaba yase-Lebanone, ebeka
ngase-Damakusi. 5 Inkloko yako pezu
kwako injenge-Karamele, nennwele zen-
kloko yako zinjengesibomvunnyama; u-
kumkani uyabanjwa ngezihlita. 6 Hai
ukuba 'mhle nokuba 'mnandi kwako, si-
tandwakazi, ngeziyoliso! 7 Obu ubude
bako buyafana nomti wepalime, namabele
ako *ayafana* nezipa *zawo*. 8 Ndati: Ndiya
kukwela ku*lo*mti wepalime, ndobamba
amasebe awo: makati ke amabele ako
abe njengezipa zomti weveyine, nevumba
lempumlo yako libe njengeleapele, 9 neku-
hlangubo lako libe njengeveyine eyolileyo,
eti kumtandwa wami ihle ngokumnandi,
isenza imilomo yabozeleyo itete.
10 Mina ndingowesitandwa sami, kanjalo
ingakumi inkanuko yaso. 11 Hamba, sita-
ndwa sami! masipumele ezindhle, silalise
emizini. 12 Masiye kusasa emiyezweni,
sibone ukuba umti weveyine uyaqumba
na, ukuba intyatyambo ziyabenqeka na,
ukuba igranate ziyahluma na: kona apo
ndokunika utando lwami. 13 Idudai ziya-
nika ivumba, nangasezingcangweni zetu
kuko zonke *iziqamo* ezimnandi, ezitsha
nezidala, endizibekelele wena, sitandwa
sami!

8 Akwaba ubunjengomninawe kumi, obe-
sanya amabele kamá! *ukuba* ndakufu-
mana ngapandhle, ngendikwanga, ndinga-
delwa noko. 2 Ngendikukokela, ndiku-
ngenise endhlwini kamá; ngeundifundisa
wena: ngendikuseza kwiveyine inento e-
shushu, *na*kwamanzi ami egranate. 3 Isa-
ndhla sake sokohlo masibe ngapantsi
kwenkloko yami, nesokunene sake sindi-
singate. 4 Ndiyanifungisa, nina 'zintombi
zase-Yerusaleme! ukuba ningavusi, noku-
ba ningavuseleli utando *lwami*, lude lu-
vume.

5 NGUBANINA lo evela elubala, esa-
yama kwisitandwa sake?
Ngapantsi kwomti weapele ndavusa
*utando* lwako: kona apo waba nennimba
ngawe unyoko, kona apo waba nennimba
owakuzala*yo*. 6 Ndibeke njengesincamati-
selo pezu kwenkliziyo yako, njengesi-
ncamatiselo pezu kwengalo yako: ngokuba
utando lunamandhla njengokufa; ikwelo
lilukuni njengehadesi; amalahle alo nga-
malahle omlilo, lilangatye elidangazelayo
kakulu. 7 Amanzi amaninzi akanaku-
cima utando, nemisinga ayingelukukulise:
ukuba umntu ebeya kunika yonke im-



University of Fort Hare
Together in Excellence

pahla esendhlwini yake ngennxa yotando, inge igqityelwa ukudelwa.
8 Udade wetu umncinane, akanamabele: sesiya kwenzela 'nto nina udade wetu, mhlana kuya kutetwa ngaye?
9 Ukuba uludonga, siya kuyaka pezu kwake innqatyana yesilivere; nokuba ulucango, siya kumvingcela ngeplanke zesedare.
10 Ndiludonga mina, namabele ami anjengennqaba: oko bendisemehlweni ake njengofumanayo uxolo.
11 U-Solomone ebenomyezo e-Bali-hamoni; wawuqeshisela kubalindi umyezo lowo; bati abanye ngabanye, ngennxa yeziqamo zawo, bazisa iwaka *leshekele* zesilivere.
12 Umyezo wami, lowo ndinawo, upambi kwami: iwaka elo libe lelako, Solomone! namakulu mabini abe ngawabalindi beziqamo zawo.
13 Wena uhlalayo ezitiyeni! amakolwane ayapulapula elizwini lako: ndivise mina.
14 Baleka, sitandwa sami! uxelise ibadikazi, umhlaumbi itole lamaxama, pezu kwentaba yezimnandi.

# INNCWADI YOMPROFITE

# KAYISAYA.

## ISAHLUKO I.

ISIBONAKALO sika-Yisaya, unyana ka-Amotse, owasibonayo, ngo-Juda ne-Yerusaleme, emihleni ka-Huziya, u-Yotame, u-Ahazi, *no*-Hezekiya, okumkani bo-Juda.
2 Yivani, mazulu! unike indhlebe, mhlaba! ngokuba UYEHOVA eteta: Abantwana ndibakulisile ndabondhla, kanti ke bona, baqipukelene nami.
3 Inkabi iyazi umniniyo, neqwarashe isibaya senkosi yalo: *kodwa* u-Sirayeli akazi; abantu bami abagqali.
4 Kwoba nzima kuso isizwe esonayo, abantu abasindwa lityala, inzalo yabenzi bokungalungileyo, usapo olwonakalisayo! Bamshiyile UYEHOVA, bamdelile oyingcwele ka-Sirayeli, bahlehlile ngomva.
5 Kunganina ukuba niya kubuya nibetwe? *kunganina ukuba* niya kwandisa impambuko? inkloko yonke iyafa, nenkliziyo yonke icubukile.
6 Kwa kuwo umzantsi wonyawo kude kube kuyo inkloko, akuko 'kupila kuwo; ngamanxeba, nemivimbo, nezilonda ezitsha; azincinezelwanga, azibotshwanga, azitanjiswanga ngeoli.
7 Ilizwe lenu liyingcitakalo; izixeko zenu zitshiswe ngomlilo: umhlaba wenu abasemzini bayawudhla ngasebusweni benu; uyingcitakalo, njengocitiweyo ngabasemzini.
8 Intombi yase-Ziyone isele njengepempe esitiyeni, njengexobongo entsimini yekomkomere, njengesixeko esilalelwayo.
9 Ukuba UYEHOVA wemikosi ubengasishiyelanga isisalela esincinanana, ngesibe sinjenge-Sodome, ngesibe sifana ne-Gomora.
10 Yivani ilizwi LIKAYEHOVA, bagwebi base-Sodome! nikelani umteto WOTIXO wetu indhlebe, bantu base-Gomora!
11 Kuyinto nina kumi ukuba mininzi kwemibingo yenu? utsho UYEHOVA. Ndidikiwe ngamadini enkunzi zegusha, nenqata lenkomo ezityetyisiweyo; kanjalo igazi lenkunzana, nelemvana, nelebokwe andilitandi.
12 Nxa nizayo ukuza kubonakala pambi kwami, kubiziwe ngubanina oku esandhleni senu, ukunyatela amakusi ami?
13 Ningapindi ukuzisa umnikelo ongendawo; isiqumiso siyintshontsho kumi; innyanga etwasileyo, nesabata, *no*kubizwa kwenklanganisano, andiyi kuzivuma *ezonto;* yinkohlakalo nenklanganiso enkulu.
14 Innyanga zenu ezitwasileyo nemitendeleko yenu emiselweyo umpefumlo wami uyazitiya; ziyindiniso kumi; ndidiniwe kukuzinyamezela.
15 Kanjalo nakuzitwabulula izandhla zenu, ndiya kufihla amehlo ami kuni; naxeshekweni nikwandisa ukutandaza, andiyi kuva: izandhla zenu zizele ligazi.



University of Fort Hare
Together in Excellence

16 Hlambani; zenzeni mhlope; kwele-
lisani inkohlakalo yezenzo zenu pambi
kwamehlo ami; yekani ukwenza okuko-
hlakeleyo; 17 fundani ukwenza okulu-
ngileyo; funani ubugwebo; lungisani oba-
ndezelweyo; tetelelani inkedama; pike-
lani umhlolokazi. 18 Yizani ke, masipi-
kisane, utsho UYEHOVA: nangona izono
zenu zinjengesibomvu, zoba zimhlope nje-
ngengqweqwe; nangona zibomvu njenge-
sibomvuumnyama, zoba njengoboya be-
gusha. 19 Ukuba niyavuma, nipulapule
ke, ubumnandi belizwe niya kubudhla;
20 kanti ukuba niyala, ningeva nokuva,
niya kudhliwa sisirele: ngokuba umlomo
KAYEHOVA utshilo.

21 Hai ukuba lirexezakazi kwaso isixeko
esinyanisekileyo! sibe sizele bubugwebo;
ubulungisa bebuhleli kuso, kodwa kaloku
ngababulali. 22 Isilivere yako yenziwe
igwebu; iveyine yako ingxengelwe nga-
manzi; 23 inkosana zako zinenkani, zinga-
makolwane amasela; zonke ngezinnye zi-
yatanda amabaso, ziputume imivuzo; inke-
dama aziyiteteleli, netyala lomhlolokazi
alizi kuzo.

24 Ngako oko iti INKOSI, UYEHOVA we-
mikosi, USOMANDHLA ka-Sirayeli: Ho! ndiya
kuzikululekisa kwabayimpi kumi; ewe,
ndiya kuzipindezelela ezintshabeni zami.
25 Kodwa ndiya kubuyisela isandhla sami
ngakuwe, ndicokise igwebu lako njengo-
kuba *kucokiswa* ngesepe, ndisuse yonke
inkutu yako. 26 Ndandiya kubuyisa aba-
gwebi bako njengasekuqaleni, nabacebisi
bako njengapambili: emva kwoko uya
kubizwa ngokuba yinnqili yobulungisa,
isixeko esinyanisekileyo. 27 I-Ziyone
yokululwa ngobugwebo, nabaguquki bayo
ngobulungisa. 28 Kodwa imbujiswa yaba-
gqiti naboni yoba kunye; nabo bamshi-
yayo UYEHOVA baya kugqityelwa. 29 Ngo-
kuba niya kuba nenkloni ngennxa yemi-
koba enibe niyinqwenele; naniya kudana
ngennxa yemiyezo enaniyiqashile. 30
Ngokuba niya kuba njengomkoba oma-
gqabi abunayo, nanjengomyezo ekungeko
'manzi kuwo. 31 Onamandhla woba nje-
ngennxubuwa, nomsebenzi wake njengen-
klantsi; baya kutsha bobabini kunye,
kungeko oya kucima.

2 ILIZWI owalibonayo u-Yisaya, u-
nyana ka-Amotse, ngo-Juda no-Yerusa-
leme.

2 Kwakuya kuti emihleni yokupela, in-
taba yendhlu KAYEHOVA yoqiniselwa engco-
po yentaba, ipakanyiselwe pezu kwenduli,
ziti zonke inklanga zele kuyo. 3 Ewe,
zohamba izizwe ezininzi, ziti: Yizani,
masinyuke siye entabeni KAYEHOVA, en-
dhlwini YOTIXO ka-Yakobi, ukuba asifundise
indhlela zake, nokuba sihambe emikweni
yake; ngokuba umteto uya kupuma e-
Ziyone, nelizwi LIKAYEHOVA e-Yerusaleme.
4 Waeya kugweba pakati kwenklanga,
azohlwaye izizwe ezininzi; zide zikande
izirele zazo zibe ngamakuba, nezikali zazo
zibe ngamarenqa: *olunye* uhlanga aluyi
kupakamisa isirele ngakw*olunye* uhlanga;
kanjalo azisayi kuba safunda ukulwa.

5 Nina 'ndhlu ka-Yakobi! yizani, ma-
sihambe ekukanyeni KUKAYEHOVA.

6 Kanti ubalahlile abantu bako, indhlu
ka-Yakobi, ngokuba bezele kokwasempu-
malanga; bayenza ngobugqi njengama-
Filistiya, bayabambana izandhla nonyana
babasemzini. 7 Kanjalo ilizwe labo lizele
yisilivere negolide, kungeko ukupela
kwendyebo zabo; ewe, ilizwe labo lizele
ngamahashe, kungeko ukupela kwennqwelo
zabo. 8 Ilizwe labo lizele ngamadalo;
bayatoba pantsi kuwo umsebenzi we-
zandhla zabo, kuko oko ikwenzileyo eyabo
iminwe. 9 Umntu omnyama uyatotyiswa,
nendoda enkulu iyatotyelwa pantsi; kanti
akusayi kubaxolela.

10 Ngena eweni, uzifihlele elutulini,
ngennxa yesoyikeko SIKAYEHOVA, nangen-
nxa yobungcwalisa bobungangamsha bake.
11 Amehlo aqanqalazayo abantu aya ku-
totyelwa pantsi, nokuzidhla kwamadoda
kuya kutotywa; NGUYEHOVA yedwa oya
kubekwa pezulu ngomhla lowo. 12 Ngo-
kuba kuko umhla KAYEHOVA wemikosi,
ngakuko konke okuneratshi nokuzidhlayo,
nangakuko konke okupakamileyo, okuya
kutotyelwa pantsi: 13 nangakuzo zonke
isedare zase-Lebanone, ezinde ezipaka-
mileyo, nangakuzo zonke iyeke zase-
Bashane; 14 nangakuzo zonke intaba
ezinde, nangakuzo zonke induli ezipaka-
mileyo; 15 nangakuzo zonke innqaba
ezinde, nangakuzo zonke indonga ezi-
nqatyisiweyo; 16 nangakuzo zonke innqa-
nawa zase-Tareshishe, nangakuzo zonke
izinto ezikubonakala kunqwenelekile. 17
Kwakuya kutotywa ukuqanqalaza kwaba-
ntu, kutotyelwe pantsi nokuzidhla kwa-
madoda; NGUYEHOVA yedwa oya kubekwa



University of Fort Hare

pezulu ngomhla lowo. 18 Kanjalo ama-
dalo ogqibela ukuti tshabalala. 19 Babeya
kungena emiqolombeni yamawa, nasemi-
nxunyeni yomhlaba, ngennxa yesoyikeko
SIKAYEHOVA, nangennxa yobungcwalisa bo-
bungangamsha bake, ekuvukeni kwake
ukungcangcazelisa umhlaba. 20 Ngomhla
lowo abantu baya kuposa amadalo abo esi-
livere, namadalo abo egolide, abazenzele
wona ukuba bawabedeshe, ezintukwini
nasezilulwaneni; 21 bakungena emifanteni
yamatyekazi, nasemarotyeni amawa, ngen-
nxa yesoyikeko SIKAYEHOVA, nangennxa
yobungcwalisa bobungamgamsha bake,
ekuvukeni kwake ukungcangcazelisa um-
hlaba.

22 Ncamani umntu, ommoya usempu-
mlweni yake; ngokuba eya kubalwa ngo-
kuba yinto nina yena?

3 Ngokuba bona ke, INKOSI, UYEHOVA we-
mikosi, iya kususa e-Yerusaleme na-
kwa-Juda isixaso nomsimelelo; sonke isi-
xaso sesonka, naso sonke isixaso samanzi:
2 iroti nendoda yokulwa; umgwebi nom-
profite; kwa umlauli nomdala; 3 inkosi
yamashumi mahlanu nomntu obekekileyo;
kwa umcebisi, nolumkileyo ngobuncibi,
neciko lokunyanga. 4 Ndandiya kunika
abafana babe zinkosi zabo, nabantwana
baya kupata pezu kwabo. 5 Abantu baya
kubandezelana, kwa abanye ngabanye um-
melwane wabo; umfana uya kwenza nge-
ratshi ngakomdala, nodelekileyo ngakulo-
wo ubekwayo. 6 Nxa omnye umntu aya
kubamba omnye osendhlwini kayise, *ati:*
Unengubo; pata wena pezu kwetu; noku-
kwonakala makube ngapantsi kwesandhla
sako: 7 uya kupakamisa *ilizwi*, kwa nga-
lommini, esiti: Andiyi kuba ngumpilisi;
ngokuba endhlwini yami kungeko isonka,
kungeko nangubo; musa ukundimisela um-
pati wabantu.

8 Ngokuba i-Yerusaleme ikùbekile, no-
Juda bawile; ngokokuba ulwimi lwabo
nezenzo zabo zingakuye UYEHOVA, uku-
capukisa amehlo obungcwalisa bake. 9
Ukubonakala kwobuso babo buyanqìna
ngakubo; nesono sabo bayasixela njenge-
Sodome; abasisitelisi. Kwoba nzima ku-
bo! ngokuba bezenzele ingozi. 10 Yi-
tshoni kolungileyo ukuti: Kwoba mnandi;
ngokuba isixakato sezenzo zabo beya ku-
sidhla. 11 Kwoba nzima kokohlakeleyo!
kwoba kubi; ngokuba umvuzo wezandhla
sake uya kwenziwa kuye. 12 Abantu
bami, abantwana bangababandezeli babo,
nabafazi bayabapata ngobukosi. Bantu
bami! abakapi benu bayanilahlekisa, nen-
dhlela yabahambi benu bayayitshabalalisa.
13 UYEHOVA uzimisile ukupika, umi uku-
gweba abantu. 14 UYEHOVA uya kungena
ekugwebeni ngakubo abadala babantu bake
nenkosana zabo; ngokuba nina nidhlile
isitiya semiti yeveyine; ukupangwa kwe-
hlwempu kusezindhlwini zenu. 15 Niti
nina ukuba nibatyumza abantu bami, no-
kuba nibusila ubuso bamahlwempu? itsho
INKOSI, UYEHOVA wemikosi.

16 Uti kanjako UYEHOVA: Ngennxa yo-
kuba intombi zase-Ziyone ziqanqalaza, zi-
hamba ngentamo ezolulweyo nangamehlo
angxeleshayo, zimana zipatsa ekuhambeni,
zikenceza ngennyawo zazo; 17 kukona
INKOSI iya kubeta ukakai lwentombi zase-
Ziyone ngobunqai, nobuhloni bazo iya ku-
buhluba. 18 Ngomhla lowo INKOSI iya ku-
susa izihombo zezacolo zamaqata, nezihlita
ezipotiweyo, nezambalo eziyinnyangara,
19 amajikazi, newatsha, nezigqubutelo,
20 iminqwazi, netyatanga zokunyatelisa,
namagqesha, namahlala okujoja, nezinya-
ngo, 21 imisesane yeminwe, nemisesane
yempumlo, 22 izambato ezicikiziweyo, ne-
zivato zapezulu, nengubo zokutiwa tyu,
nezidhla, 23 izikangeliselo, nehempe ze-
qiya eshiceneyo, nenkontsho, nezilenga-
lenga. 24 Kwakuya kuti, endaweni ye-
vumba elimnandi kwobako intshontsho;
nasendaweni yombinqo kwobako innyi-
lingo; nasendaweni yempote kwobako
ubunqai; nasendaweni yengubo yokuna-
meka kwobako isibinqo senklakanklaka;
kwobako isitshiswa endaweni yobunzwa-
kazi. 25 Amadoda ako aya kuwa ngesi-
rele, namagora ako ekulweni. 26 Ama-
sango ayo aya kugula alile, iti yona ihlale
zé emhlabeni.

4 Amankazana asixenxe aya kubamba in-
doda innye ngalomhla, esiti: Ésetu
isonka siya kusidhla, nezetu izivato siya
kuzambata, kupela masibizwe ngegama
lako, kususwe ihlazo letu.

2 Ngawo umhla lowo isebo LIKAYEHOVA
loba lelobuhle nelobungcwalisa, nesiqamo
somhlaba soba sesendhluliselo nesenkazi-
mlo kwabasindileyo bakwa-Sirayeli. 3 Kwa-
kuya kuti, oshiyiweyo e-Ziyone, noseleyo
e-Yerusaleme, kwotiwa uyingcwele; osu-
kuba ebàlelwe ubomi e-Yerusaleme. 4
Nxa INKOSI ikuhlanzile ukuncola kwento-



University of Fort Hare
Together in Excellence

mbi zase-Ziyone, negazi lase-Yerusaleme
ilihlambulule pakati kwayo, ngommoya
wokugweba nangommoya wokutshisa; 5
uya kwandula UYEHOVA ukudala pezu
kwazo zonke inklalo zasentabeni ye-Ziyone,
napezu kwendawo zayo zokuhlanganisela,
ilifu nomsi ngemmini, nokukazimla kwom-
lilo odangazelayo ngobusuku: ngokuba
pezu kwabo bonke ubungcwalisa kuya
kubako isigubungelo. 6 Kwobako nentente
ibe ngumtunzi ngemmini ngennxa yoku-
fudumala, nendawo yokupepela neyoku-
fihlela ngennxa yesipango nangennxa
yemvula.

5 SENDIYA kuvuma ke kumtandwa
wami iculo lesitandwa sami ngesitiya
sake: Umtandwa wami wabenesitiya en-
kalweni etyebileyo. 2 Wasingongxa waga-
bula amatye aso, wasityala ngemiti yeve-
yine edumileyo; waka innqaba pakati
kwaso, wembela isincinezelo seveyine
kuso kanjalo: waza wakangela ukuba
sivelise idreyive, koko savelisa idreyive
ezimbi. 3 Nakaloku, bemi base-Yerusa-
leme namadoda akwa-Juda! zenigwebe
pakati kwami nesitiya sami. 4 Ngekuba
kusenziwa 'nto nina ngakumbi esitiyeni
sami, endingayenzanga kuso? Yinina ke
lento, ndakukangela ukuba sivelise idre-
yive, savelisa idreyive ezimbi? 5 Ngako
kaloku, sendiya kunazisa oko ndiya ku-
kwenza esitiyeni sami: ndiya kususa
utango lwaso, soba lidhlelo ke; ndiya ku-
cita udonga lwaso, soba yindawo yoku-
buqwa ke. 6 Ndandiya kusenza intsha-
balalo; asiyi kunqunyulelwa, asiyi kuhla-
kulwa kanjako; kodwa imbobo nemitolo
ziya kuhluma kuso; ndandiya kuyalela
amafu ukuba anganisi imvula pezu kwaso.
7 Ngokuba isitiya SIKAYEHOVA wemikosi
siyindhlu ka-Sirayeli, namadoda akwa-
Juda esisityalwa soyolo lwake: wakangela
ubugwebo, kanti nanku ukupalala kwe-
gazi! *wakangela* ubulungisa, kanti nanku
ukukala!

8 Kwoba nzima kubo abahlanganisa
indhlu nendhlu, *a*babandakanyisa intsimi
nentsimi, kude kungabiko indawo, nize
nihlaliswe nedwa nina pakati kwelizwe!
9 Ezindhlebeni zami UYEHOVA wemikosi
*utyilile ukuti:* Ngennyaniso izindhlu ezin-
ninzi zoba zé, ezo zinkulu nezinkle zoba
zingenabemi. 10 Ngokuba ishumi lendima
zesitiya ziya kuvelisa ibate innye, neho-
mere yembewu iya kuvelisa iyefa.

11 Kwoba nzima kubo abavuka kusasa,
bakaulezele uselo olunamandhla; abalibala
nxa kuse kuhlwile, *ide* iveyine ibatshise!
12 Kuko uhadi nenebele, intambula nom-
lozi, neveyine, ezidhlweni zabo; kanti
ukwenza KUKAYEHOVA abakugqali, nomse-
benzi wezandhla zake abawuboni. 13
Ngako oko abantu bami bayatinjwa, be-
ngenakwazi nje; imiduna yabo inoku-
lamba, nesihlwele sabo sitshile linxanwa.
14 Ngako oko ihadesi iyandisa inkanuko
yayo, nomlomo wayo iyawakamisa ngento
engenakulinganiswa; kwandule ukuhla
amanene abo, nesihlwele sabo, nembutu-
mbutu yabo, nalowo ugcobayo pakati kwabo.
15 Umntu omnyama wototyiswa, nendoda
enkulu yototyelwa pantsi; namehlo aba-
qanqalazayo ototyelwa pantsi ke. 16 Kodwa
UYEHOVA wemikosi uya kupakanyiswa ngo-
bugwebo, NOTIXO oyingcwele uya kungcwa-
liswa ngobulungisa. 17 Imvana ziya
kudhla apo ziqùtyelwa kona, nendawo
ezicitakeleyo zabatyebileyo imihlambi ya-
semzini yozigqiba.

18 Kwoba nzima kubo abarolayo inko-
hlakalo ngentambo zokungendawo, nesono
njengokungati kungomqokozo wennqwelo!
19 Abati: Makanxame ke, makakaulezise
umsebenzi wake, ukuze siwubone; mali-
sondele icebo loyingcwele ka-Sirayeli, lizo
nokuza, ukuba silazi! 20 Kwoba nzima
kubo abati ngokukohlakeleyo kulungile,
nangokulungileyo kukohlakele; ababeka
ubumnyama endaweni yokukanya, noku-
kanya endaweni yobumnyama; ababeka
uburara endaweni yobumnandi, nobu-
mnandi endaweni yoburara! 21 Kwoba
nzima kubo abalumkileyo kwawabo ame-
hlo, nabanokuqonda kokwabo ukubona!
22 Kwoba nzima kubo abanoburoti ukuba
basele iveyine, nabangamadoda okwome-
lela ukuba bapitikeze uselo olunamandhla:
23 abagwebela onetyala ngennxa yebaso,
nokulunga kwabalungileyo bakuhlute
kubo! 24 Ngako oko, njengokuba ilanga-
tye lomlilo lisidhla indiza, nesikota esi-
tshayo sisiwa pantsi; *kwa njalo* ingcambu
yabo yoba njengembozo, nentyatyambo yabo
yonyuka njengotuli: ngokuba belahlile
umteto KAYEHOVA wemikosi, nelizwi lo-
yingcwele ka-Sirayeli belidelile. 25 Ngen-
nxa yoku iyavuta ingqumbo KAYEHOVA
ngakubo abantu bake, nesandhla sake uso-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lulelo pezu kwabo, wababeta; zada za-
ngcangcazela intaba, nezidumbu zabo zaba
njengenkunkuma pakati kwezitarate. Ko-
dwa noko ingqumbo yako ayinqandwa,
isandhla sake sisolulwa.
26 Ngokuba eya kupakamisela izizwe
ezikude ibanile, azilozele zivelo ekupeleni
kwomhlaba; bona ke, ziya kuza ngoku-
nxama *na*ngokukauleza. 27 Akuyi kubako
odiniweyo, akuyi kubako nokùbekayo paka-
ti kwabo; abayi kwozela, abayi kulala 'buto-
ngo; umbinqo wezinqe zabo awuyi kutuku-
lulwa, nerwintsela lezihlangu zabo aliyi ku-
qaulwa: 28 abantolo zibukali, nazo zonke
izipeta zabo zityediwe; impupu zamahashe
abo zobalwa ngokuba njengelitye elilukuni,
nengqengqeleko zabo ngokuba njengesa-
qwiti. 29 Ukukonya kwabo kwoba njengo-
kwengonyamakazi; baya kukonya njengen-
gonyama ezintsha; ewe, bovungama, baba-
mbe into yokuqwengwa; bobaleka nayo
inqabile, kungeko oyihlangulayo. 30 Ba-
beya kugquma ngakubo ngomhla lowo
njengokugquma kwolwandhle; kude kuti
kwakukangelwa ngasemhlabeni, nabo ubu-
mnyama obunzima, nokukanya kwenziwe
mnyama ngamafu awo.

6 NGOMNYAKA wokufa kwokumkani
u-Huziya, ndaza ndabona INKOSI ihleli
pezu kweterone ende epakamileyo, ati ama-
sondo *esivato* sayo azalisa itempile. 2 Ise-
rafime zema ngakuyo: zibe zinamapiko
amatandatu ezinnye ngezinnye; ngama-
bini zagubungela ubuso bazo, nangamabini
zagubungela innyawo zazo, nangamabini
zapapazela. 3 Ennye yabiza kwennye,
yati: Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwe-
le, UYEHOVA wemikosi; umhlaba wonke
uzele bubungcwalisa bake! 4 Kanjalo
amaseko eminyango azamazama ngennxa
yelizwi yaleyo ibizileyo, yati indhlu ya-
zaliswa ngumsi.
5 Ndaza ndati: Au mina! sendibuba;
ngokuba ndingumntu omlomo uncolileyo,
ndihleli njo pakati kwabantu abamilomo
incolileyo kanjalo; ngokuba amehlo ami
ebonile ukumkani, UYEHOVA wemikosi.
6 Yandula yabalekela kumi ennye kuzo
iserafime, inelahle elivutayo esandhleni
sayo ilitabatileyo ngesitabatelo esibinge-
lweni; 7 yacukumisa ngalo umlomo wami,
yati: Bona ke, eli licukumisile umlomo
wako; ngako inkohlakalo yako isusiwe,
nesono sako sixolelwe. 8 Ndaza ndeva ili-
zwi LENKOSI, isiti: Ngubanina lowo endiya
kumtuma, ngubanina nalowo oya kusiyela?
Ndaza ndati: Nanku ndi*lapa;* nditume
mina. 9 Yayisiti: Hamba uye uti kwaba-
bantu:
Hlalani nisiva, nize ningaqondi; hla-
lani nibona, nize ningaqiqi. 10 Yenza
inkliziyo yababantu idikwe; nendhlebe
zabo zenze nzima, namehlo abo wacime;
hleze babone ngamehlo abo, beve ngen-
dhlebe zabo, baqonde ngenkliziyo zabo,
baguquke, bapiliswe.
11 Ndaza ndati: Kude kube ninina,
NKOSI? Yayisiti: Kude kucitakaliswe izi-
xeko zingabi nabemi, nezindhlu zingabi
nabantu, nelizwe ligqityelwe ukucitakali-
swa, 12 ati UYEHOVA abafudusele kude aba-
ntu, nokushiyiweyo kube kukulu pakati
kwelizwe. 13 Nakuba kuseko kulo isa-
hlulo seshumi, sobuya sitshiswe kwa sona;
*noko,* njengomti weterebinte nanjengomti
weyeke, eti yakuwiswa kuko isipunzi ku-
yo, *kwa njalo* inzalo engcwele yoba sisi-
punzi saso.

7 KWAYE kute emihleni ka-Ahazi, unya-
na ka-Yotame, unyana ka-Huziya, uku-
mkani wo-Juda, wenyuka u-Retsine uku-
mkani we-Siriya, no-Pekahi unyana ka-
Remaliya ukumkani wo-Sirayeli, ukuya
e-Yerusaleme, kuze kuliwe ngakuyo; kodwa
wakohlwa kukuyoyisa. 2 Kwaza kwaxelwa
kwindhlu ka-Davide, kusitwa: ama-Siriya
atelelene no-Frayime. Yaza inkliziyo
yake yazamazama, nenkliziyo yabantu ba-
ke, njengokuba imiti yehlati izamazama
pambi kwommoya.
3 Wandula wati UYEHOVA ku-Yisaya:
Puma ke uye kukaulela u-Ahazi, wena,
no-Share-yashube unyana wako, ngasesipe-
lweni somjelo wecibi lasenkla, ngaseme-
ndweni wentsimi yomsuki; 4 uze uti
kuye: Lumka, wonwabe ke; ungoyiki,
nenkliziyo yako maingabi 'butataka, ngen-
nxa yalemisila mibini yezikuni eziqumayo,
ngennxa yobushushu bengqumbo ka-Re-
tsine nama-Siriya, nonyana ka-Remaliya. 5
Ngokokuba ama-Siriya, o-Frayime, nonyana
ka-Remaliya, becebile ububi ngakuwe, be-
siti: 6 Masinyukele ngakuyo i-Juda, siyi-
tuse; masiyoyise kanye ibe yeyetu, simise
ukumkani pakati kwayo, unyana ka-Tabe-
le: 7 itsho INKOSI UYEHOVA ukuti:
Akusayi kuma; akusayi kubako noku-
bako. 8 Ngokuba inkloko ye-Siriya iya



University of Fort Hare

kuba yi-Damakusi, nenkloko ye-Damakusi
yoba ngu-Retsine; kanjako kungekabiko
iminyaka engamashumi matandatu anami-
hlanu o-Frayime baya kucitwa, bangabi
sesiso isizwe. 9 Kanjalo inkloko yakwa-
Frayime yobà yi-Samariya, nenkloko ye-
Samariya yoba ngunyana ka-Remaliya.
Ukuba aniyi kukolwa, ngennyaniso aniyi
kuqiniswa.
10 Ubuye wateta UYEHOVA ku-Ahazi,
esiti: 11 Zicelele umqondiso KUYEHOVA,
UTIXO wako; wucele enzulwini, umhla-
umbi ennyangweni pezulu. 12 Kodwa
u-Ahazi wati: Andiyi kucela; andiyi
kumlinga UYEHOVA kanjalo. 13 Waza wati
*u-Yisaya:* Yivani ke, ndhlu ka-Davide!
kuyinto ennciname kuni na ukudinisa aba-
ntu, ukuba niya kudinisa UTIXO wami naye
nje? 14 Ngako oko INKOSI yona iya ku-
ninika umqondiso: bona ke, intombi iya
kumita, izale unyana, imbize ngegama eli-
ngu-Yimanuweli. 15 Amasi nobusi uya
kubudhla, akukwazi ukulahla okukohla-
keleyo nokuqasha okulungileyo. 16 Koko
kuya kuti, engekakwazi umntwana lowo
ukulahla okukohlakeleyo nokuqasha oku-
lungileyo, ilizwe unesitukutezi ngalo liya
kushiywa ngokumkani balo bobabini.
17 UYEHOVA uya kuzisa pezu kwako,
napezu kwabantu bako, napezu kwendhlu
kayihlo, imihla, engezanga ibeko *enjalo*,
kwa kuseloko o-Frayime bahlukana no-
Juda;—ukumkani we-Asiriya. 18 Kwa-
kuya kuti ngomhla lowo, UYEHOVA wolozela
impukane esekupeleni kwemilambo yase-
Jipete, nennyosi eselizweni le-Asiriya.
19 Zaziya kuza ke, zipumle zonke ezinti-
lini ezitshabaleleyo, nasemifanteni yama-
wa, napezu kwayo yonke imiminga, napezu
kwawo onke amadhlelo. 20 Ngomhla
lowo INKOSI iya kuguya ngesitshetshe esi-
qeshiweyo, ngabapesheya kwomlambo,
ngokumkani we-Asiriya, inkloko, nennwe-
le zennyawo; siya kupala nodevu nalo.
21 Kwakuya kuti ngomhla lowo, umntu
uya kufuya itokazi linye negusha zimbini;
22 kuze kuti ke, ngennxa yobuninzi bobisi
eziya kubunika, wodhla amasi; ewe, amasi
nobusi baya kubudhla bonke abaseleyo pa-
kati kwelizwe. 23 Kwakuya kuti ngomhla
lowo, zonke indawo, apo beliko kona iwaka
lemiti yeveyine, ngenani lewaka lama-
qosha esilivere, zoba zezembobo nezemi-
tolo. 24 Ngentolo nangesipeta kuya ku-
ngenwa kona; ngokuba umhlaba wonke
woba zimbobo nemitolo. 25 Kodwa zonke
intaba, ezihlakulekayo ngekuba, akuyi
kuya kona ngokwoyika imbobo nemitolo;
zoba yindawo yokutunyelwa kwenkomo,
neyokunyatela kwegusha.

8 KANJAKO wati UYEHOVA kumi: Ta-
bata icwecwe elikulu, ubàle pezu kwalo
ngento yokubàla yomntu, ngaye u-Mahere-
shalali-hashe-bazi. 2 Ndaza ndatabatela
kumi amanqìna anyanisekileyo, u-Huriya
umperisite, no-Zekariya unyana ka-Yebe-
rekiya. 3 Ndaza ndasondela kumprofite-
kazi, owamitayo, wazala unyana. Wayesiti
UYEHOVA kumi: Mbize ngegama elingu-
Mahere-shalali-hashe-bazi.* 4 Ngokuba,
engekazi lomntwana ukubiza ngokuti,
Bawo! nokuti, Ma! kuya kufuduswa
ubutyebi base-Damakusi, nempango yase-
Samariya, pambi kwokumkani we-Asiriya.
5 Ubuye wateta UYEHOVA kumi kanjako,
esiti: 6 Ngokokuba ababantu bedela ama-
nzi e-Siloha, ahambayo kuhle, benokuvuya
ku-Retsine nakunyana ka-Remaliya; 7 ku-
kona, bona ke, INKOSI iya kunyusa pezu
kwabo amanzi omlambo, amakulu nana-
mandhla,—ukumkani we-Asiriya nabo bo-
nke ababungcwalisa bake; wauya ku-
nyukela pezu kwayo yonke imijelo yawo,
ugqitele zonke indonga zawo; 8 uya ku-
dhlulela e-Juda; wokukula, ucande, noku-
canda; wofikelela entanyeni: kanjalo
ukwolulwa kwamapiko ake kwozalisa ubu-
banzi belizwe lako, Yimanuweli!
9 Ngxolani, nina 'zizwe! niya kutiwa
shwaqe noko; nibeke indhlebe, nonke
nina 'mazwe akude! zibinqeni, niya kutiwa
shwaqe noko; zibinqeni, niya kutiwa
shwaqe noko. 10 Nikani icebo, lotshaba-
lala noko; tetani ilizwi, aliyi kuma noko:
ngokuba UTIXO enati.
11 Ngokuba wabesitsho UYEHOVA kumi,
ngokuqùba kwamandhla, wandiyala ukuba
ndingahambi endhleleni yababantu, esiti:
12 Aniyi kuti: Kuko utelelano, ngako
konke abaya kuti ngako ababantu: Kuko
utelelano; nize ningoyiki ngokwoyika
kwabo, ningankwantyi kanjako. 13 UYE-
HOVA wemikosi yena niya kumngcwalisa:
nguye oya kuba kukwoyika kwako, nguye
oya kuba kukunkwantya kwako. 14 Ngo-
kuba eya kuba yindawo eyingcwele; ko-
dwa woba lilitye lokukùbekisa, nolwalwa

* *Oko kukuti:* Unxamela impango, ukaulezela amaxoba.



University of Fort Hare
Together in Excellence

lwokuwisa, kuzo izindhlu zombini zo-Sira-
yeli; woba ngumgibe nesisinga kubo abemi
base-Yerusaleme. 15 Baninzi abaya kukù-
beka ngazo, bawe, bapulwe nokwapulwa;
nabaya kutiyelwa, babanjwe nokubanjwa.

16 Bopa isinqìnelo; wuncamatiselele
abafundiswa bami umteto. 17 Ndiya ku-
linda UYEHOVA, ofihlayo ubuso bake kwin-
dhlu ka-Yakobi, ndokangela yena. 18 Bona
ke, mina nabantwana endibapiweyo NGU-
YEHOVA wemikosi, *simis*elwe imiqondiso
nemimangaliso kwa-Sirayeli, NGUYEHOVA
wemikosi, omiyo entabeni ye-Ziyone. 19
Kanjako xeshekweni baya kuti kuni: Fu-
nani kwabenzelana nemishologu nakuma-
tola, abasebezayo, abagumzelayo; *yitini:*
Abantu ngebengafuni na KUTIXO wabo?
*ngebefun*ela abahleliyo kubafileyo na? 20
*Makuyiwe* emtetweni nasesinqìnweni! uku-
ba abateti njengelilizwi, akuyi kubako
ukusa kubo.

21 Babeya kucanda kulo, bebandezekile,
belambile nokulamba; kwakuya kuti,
xeshekweni bevayo ukulamba, boziqumbisa,
batuke ukumkani wabo NOTIXO wabo,
babeke ngapezulu. 22 Baya kukangela
nasemhlabeni; kanti nabuya ubunzima
nobumnyama; bosibekelelwa sisitukutezi,
bagxotelwe esitokotokweni.

9 Kodwa akuyi *kumana* kusibekelelwa,
apo isitukutezi besi*fudula* sikona: nje-
ngokuba ebete ngexesha lapambili wange-
nisa ilizwe lakwa-Zebulone nelizwe lakwa-
Nefatali ekudelweni, woti ke kamva awe-
nze abe nokubekwa—awendhlela yaselwa-
ndhle, pesheya kwe-Yoredane, i-Galili ya-
baheyideni. 2 Abantu ababehamba ebu-
mnyameni, babonile ukukanya okukulu;
abo babehleli ezweni letunzi lokufa, ukuka-
nya kukazimlile pezu kwabo. 3 Usandisile
isizwe, *esi*vuyo ubungalwenzanga lukulu:
bayavuya ebusweni bako njengokuba ku-
vuywa ngexesha lokuvuna; njengokuba
begcoba *abantu* ekwabeni kwabo amaxoba.
4 Ngokuba iyokwe yomtwalo wabo, nen-
tonga yegxalaba labo, uswazi lwombande-
zeli wabo, uzapule, njengasemmini yama-
Midiyane. 5 Ngokuba zonke izihlangu
zabaxòbileyo ngazo ekulweni, nengubo
eziqengqiweyo egazini, ziya kutshiswa;
zoba kukutya kwawo umlilo. 6 Ngokuba
sizalelwe umntwana, sinikiwe unyana;
ubukosi boba pezu kwegxalaba lake, ne-
gama lake lobizwa ngokuba NGUMMANGA-
LISO, UMCEBISI, UTIXO ONGUSOMANDHLA, UYISE
WONAPAKADE, INKOSI YOXOLO. 7 Ukwanda
kwobukosi *bake* nokwoxolo *lwabo* akuyi
kuba nakupela, pezu kweterone ka-Davide,
napezu kwobukumkani bako; ukuba bu-
qiniswe, nokuba busekelwe, ngobugwebo
nangobulungisa, kwa kaloku nje nakude
kube ngunapakade. Ubukwele BUKAYE-
HOVA wemikosi bokwenza oku.

8 INKOSI ikupile ilizwi ngako-Yakobi,
lehla ngako-Sirayeli; 9 babeya kulazi
bonke abantu abo, *kwa* o-Frayime nabe-
mi base-Samariya, abati ngeratshi nango-
bukulu benkliziyo: 10 Izitene ziwile,
kanti siya kwaka ngamatye aqandulweyo;
imikiwane igauliwe, kanti sohlaziya nge-
sedare. 11 Ngokuba UYEHOVA eya kuvusa
ababandezeli baka-Retsine ngakubo, nen-
tshaba zabo wozitelekisa; 12 ama-Siriya
ngecala lapambili, nama-Filistiya ngelasem-
va; babeya kubadhla o-Sirayeli ngomlomo
owakamileyo. Kodwa noko ingqumbo
yake ayinqandwa, isandhla sake sisolulwa.

13 Ngokuba ababantu bengabuyelanga
kulowo owababetayo, NOYEHOVA wemikosi
abamfunanga. 14 Ngako UYEHOVA wo-
nqumla ko-Sirayeli inkloko nomsila, isebe
nomkanzi, emhleni 'mnye. 15 Omdala
nobekwayo, nguye oyinkloko; nomprofite
ofundisa ubuxoki, nguye ongumsila. 16
Ngokuba abakapi bababantu bebalahle-
kisa; nabo bakatshwayo ngabo bati tsha-
balala. 17 Ngako oko INKOSI ayiyi kuvuya
pezu kwamadodana abo, nenkedama zabo
nabahlolokazi babo ayiyi kuba nanceba
ngakubo; ngokuba bonke ngabanye be-
ngabaginwa nabenzi bokungalungileyo,
nayo yonke imilomo iteta ubugeza. Kodwa
noko ingqumbo yake ayinqandwa, isandhla
sake sisolulwa.

18 Ngokuba inkohlakalo itshisa nje-
ngomlilo; imbobo nemitolo yozigqiba;
iya kuvutisa indada zehlati, eziya kuqe-
ngqekela pezulu ekunyukeni kwomsi. 19
Ngokurala KUKAYEHOVA wemikosi ilizwe
liyatshiswa, nabantu boba njengokutya
kwomlilo; omnye akayi kuba nazibele
ngakwomnye. 20 Baya kusika ngaseku-
nene, balambe noko; baya kutya ngase-
kohlo, bangahluti noko; abanye ngabanye
baya kuyidhla innyama yengalo zabo. 21
O-Manase *bodhla* o-Frayime, no-Frayime
o-Manase; bona kunye bomelana no-Juda.
Kodwa noko ingqumbo yake ayinqandwa,
isandhla sake sisolulwa.



University of Fort Hare
Together in Excellence

10 Kwoba nzima kubo abamisa imimiso
ebumenemene, nakubo ababàli *ababà-
lela* ububi: 2 ukusonga amahlwempu eku-
gwebeni, nokuhluta abalusizi babantu
bami ibango *labo*; ukuba abahlolokazi babe
lixoba labo, nokuba bapange abazinke-
dama! 3 Seniya kwenza 'nto nina em-
hleni wokubuza, nasekutshabalaliseni *oku-
vela* kude? niya kusabela kubanina ku-
ncedwe? kupina ke eniya kushiya ababu-
ngcwalisa benu? 4 Ngapandhle kwami
baya kuguqa ngapantsi kwababanjwa, baya
kuwa ngapantsi kwababuleweyo. Kodwa
noko ingqumbo yake ayinqandwa, isandhla
sake sisolulwa.

5 KWOBA nzima kuye um-Asiriya,
uswazi lwengqumbo yami, ontonga esa-
ndhleni sake iyeyomsindo wami! 6 Nga-
kuso isizwe esibuginwa ndiya kumtuma,
nangakubo abantu bokurala kwami
ndomyalezela; ukutimba amaxoba, noku-
panga impango, nokubenza into yokunya-
telwa pantsi njengodaka lwezitarate. 7
Yena kodwa, akacamangi njalo, nenkliziyo
yake yona ayiqingi njalo; koko ukutsha-
balalisa kusenkliziyweni yake, nokunqamla
izizwe ezingezincinane. 8 Ngokuba esiti:
Inkosana zami kunye azingabo na oku-
mkani? 9 I-Kaleno ayinjenge-Karakemishe
na? i-Hamati ayinjenge-Arapadi na? i-Sa-
mariya ayinjenge-Damakusi na? 10 Nje-
ngokuba isandhla sami sifumene ubuku-
mkani bezitixo, nemifanekiso eqingqiweyo
yazo, ebigqitisele eyase-Yerusaleme neyase-
Samariya; 11 njengokuba ndenzele i-
Samariya nezitixo zayo, andiyi kwenje
njalo na kwi-Yerusaleme namadalo ayo?
12 Kwoti ke ngoko, nxa INKOSI igqibile
wonke umsebenzi wayo entabeni ye-Ziyo-
ne nase-Yerusaleme, ndiya kwohlwaya
isixakato sobukulu bayo inkliziyo yoku-
mkani we-Asiriya, nobungangamsha be-
ratshi lamehlo ake. 13 Ngokuba esiti:
Kungamandhla esandhla sami endikwe-
nzileyo, nangobulumko bami; ngokuba
ndinokuqonda. Sendishenxisile imida ya-
bantu, nendyebo zabo ndizitimbile; na-
njengonamandhla ndibawisile abo bahleli
*ezitroneni*. 14 Ewe, isandhla sami sifu-
mene ubutyebi babantu njengendhlu yen-
taka; nanjengokuba kubutwa amaqanda
ashiyiweyo, *kwa njalo* nami ndibutile
umhlaba wonke; kungabangako nanye
ewambuzela ipiko, neyakamisa umlomo,
neliliselayo. 15 Kanene izembe loqayisa na
ngakuye ogaula ngalo? nesara yozikukisa
na ngakuye oyishukushukumisayo? nje-
ngokungati uswazi beluya kushukushuku-
misa abo balupakamisayo; njengokungati
intonga ibiya kupakamisa ongengumti. 16
Ngako oko INKOSI, UYEHOVA wemikosi,
iya kutuma pezu kwabatyebileyo bake
ukunqina; nangapantsi kwababungcwalisa
bake uya kuvutisa imvuto, njengemvuto
yomlilo. 17 Ewe, isikanyiso so-Sirayeli
soba ngumlilo, noyingcwele yabo woba
lilangatye; wauya kutshisa ugqibe imitolo
yake nembobo zake emhleni 'mnye. 18
Nobungcwalisa behlati lake nobomyezo
wake, umpefumlo nomzimba yomibini, uya
kubugqibela; waeya kuwa njengofayo. 19
Kanjalo isisalela semiti yalo ihlati lake soba
ngumbalwa, ide ibàlelwe ngumntwana.
20 Kwakuya kuti ngomhla lowo, isi-
salela so-Sirayeli, nabasindileyo bendhlu
ka-Yakobi, abasayi kupinda ukwayama
pezu kwalowo ubabetileyo, baya kwayama
pezu KWOYEHOVA, oyingcwele ka-Sirayeli,
ngennyaniso. 21 Isisalela, isisalela sika-
Yakobi, soguqukela KUTIXO ongusomandhla.
22 Ngokuba nangona abantu bako o-Si-
rayeli banjengenklabati yolwandhle, isisa-
lela siya kuguqukela kuye. Ukugqityelwa
kumisiwe, kukukulisa ngobulungisa: 23
ngokuba ukugqityelwa, kwa oko kumisi-
weyo, iya kukwenza INKOSI, UYEHOVA we-
mikosi, pakati kwelizwe lonke. 24 Ngako
oko itsho INKOSI, UYEHOVA wemikosi, ukuti:
Ningoyiki, bantu bami abahleli e-Ziyone!
ngennxa yom-Asiriya: angaba enibeta
ngoswazi, apakamise intonga yake ngakuni,
ngesiko le-Jipete; 25 koko kuseko ixe-
shana elincinanana, wandul' ukugqitywa
umsindo, nengqumbo yami ekutshabala-
leni kwabo. 26 Ngokuba UYEHOVA wemi-
kosi eya kumvusela izwiniya, njengokubu-
lawa kwama-Midiyane eweni lika-Worebe:
intonga yake yoba pezu kwolwandhle;
woyipakamisa ngesiko le-Jipete. 27 Kwa-
kuya kuti ngomhla lowo, kwosuswa um-
twalo wake egxalabeni lako, neyokwe yako
entanyeni yako; kanjalo iyokwe iya kwo-
nakaliswa ngennxa yokutanjiswa.
28 Ufikile e-Hayati, udhlulile nge-
Migrone; e-Mikimashe ubekele impahla
yake. 29 Bacandile ingxingwa; i-Geba
yindawo yabo yokulalisa: i-Rama iya-
ngcangcazela; i-Gibeha ka-Saule iyasaba.
30 Yenza isikalo esikulu ngelizwi lako,



University of Fort Hare

ntombi yase-Galime! pulapula, Layishe!
Haniya! Hanatote! 31 I-Mademena iba-
lekile; abemi base-Gebime benzile intsabo.
32 Iseko immini 'nnye yokuhlala e-Nobe,
andule avivinye isandhla sake ngakuyo
intaba yentombi yase-Ziyone, induli yase-
Yerusaleme. 33 Bona ke, INKOSI, UYEHOVA
wemikosi, iya kunqumla amasebe ngesibeto
esoyikekayo: ababude bukulu baya kugau-
lwa, nabapakamileyo baya kutotyelwa
pantsi. 34 Iya kuhlahla indada zehlati
ngentsimbi, ne-Lebanone iya kuwa ngo-
namandhla.

11 KOKO kuya kupuma ihlumelo esipu-
nzini sika-Jese, negatya liya kuhluma
ezingcanjeni zake. 2 Umoya KAYEHOVA
wopumla pezu kwake, umoya wobulumko
nengqondo, umoya wobucebo namandhla,
umoya wokumazi nokumoyika UYEHOVA.
3 Waeya kuqiqa 'msinya okwokwoyikwa
KUKAYEHOVA; akayi kugweba ngokubona
kwamehlo, akayi kwaba ngokuva kwen-
dhlebe kanjako: 4 koko eya kugwebela
amahlwempu ngobulungisa, abele abalula-
mileyo bomhlaba ngolungelelaniso; uya
kubeta umhlaba ngoswazi lwomlomo wake,
nangommoya womlomo wake wobubisa
okohlakeleyo. 5 Ubulungisa boba ngum-
binqo wesinqe sake, nennyaniso *yoba*
ngumbinqo wezintso zake. 6 Yandule in-
ncuka ihlale nemvana, nengwe ilale pantsi
nebokwana; itole nengonyamana nenka-
tyana etyetyisiweyo zoba ndawonye;
nomntwana omncinane wozikokela. 7
Imazi entsha neberekazi zodhlelana; inko-
nyana zazo zoti butu ndawonye; nengo-
nyama iya kutya innca njengenkomo. 8
Usana luya kudhlala emnxunyeni wera-
mba, nomntwana olunyulweyo wobeka
isandhla sake pezu kwentunja yebasiliske.
9 Akuyi kupatwa kakubi, akuyi kubujiswa
kanjako, kuyo yonke intaba yami eyin-
gcwele; ngokuba umhlaba uya kuzala
kukwaziwa KUKAYEHOVA, njengokuba ama-
nzi egubungela ulwandhle. 10 Kwakuya
kuti ngomhla lowo, ingcambo ka-Jese, eya
kuma ibe yibanile yezizwe, kwa kuyo
yona abaheyideni baya kufuna; nendawo
yokupumla kwayo yoba 'bungcwalisa.
11 Kwakuya kuti ngomhla lowo, INKOSI
iya kupinda ngokwesibini *ukwolula* isa-
ndhla sayo, ize ikulule isisalela sabantu
bayo, abo abaya kusala, e-Asiriya, nase-
Jipete, nase-Patrose, nase-Kushe, nase-
Helami, nase-Shinare, nase-Hamati, nase-
ziqitini zolwandhle. 12 Yaiya kupakami-
sela abaheyideni ibanile, ibahlanganise
abagxotiweyo bakwa-Sirayeli, nabacitake-
leyo bakwa-Juda ibabute, ezipelweni zo-
zine zomhlaba. 13 Wandule umona wo-
Frayime ukumka, nababutshaba bakwa-
Juda ukunqanyulwa; o-Frayime abayi
kuba namona ko-Juda, no-Juda abayi kuba
nabutshaba ko-Frayime. 14 Koko beya
kugaleleka emagxalabeni ama-Filistiya
ngasentshonalanga; kwa kunye baya ku-
panga amadoda asempumalanga; isandhla
sabo baya kusibeka pezu kwe-Edome ne-
Mowabi; nosapo luka-Hamoni lwobapula-
pula. 15 Waye UYEHOVA eya kulahlela
ekutshabalaleni icweba lolwandhle lwase-
Jipete, avivinye isandhla sake ngasemla-
njeni, ngamandhla ommoya wake, awubete
ube zimbaxa ezisixenxe, abenze bawelo
ngezihlangu. 16 Wauya kubako umendo
kwisisalela sabantu bake, abo abaya ku-
sala, uvela e-Asiriya, njengokuba wabuko
ko-Sirayeli, emhleni babenyuka ezweni le-
Jipete.

12 Ngawo umhla lowo uya kuti: Ndiya
kudumisa wena, YEHOVA! nakuba
ubundiqumbele, seibuyile ingqumbo yako,
waza wandonwabisa. 2 Bona ke, UTIXO
ulusindiso lwami; ndiya kutemba, andiyi
kwoyika; ngokuba UYAHI, UYEHOVA, enga-
mandhla ami, neculo *lami;* ude waba lusi-
ndiso kumi. 3 Naniya kuka amanzi ngo-
vuyo emitonjeni yosindiso.
4 Ngawo umhla lowo niya kuti: Bule-
lani KUYEHOVA, shumayelani igama lake,
yazisani izenzo zake pakati kwezizwe,
kankanyani ukuba igama lake lipakamile.
5 Culani KUYEHOVA, ngokuba eyenzile into
ebungangamsha; kwaziwe oku kuwo wo-
nke umhlaba. 6 Danduluka, umemeze,
wena uhleliyo e-Ziyone! ngokuba oyin-
gcwele ka-Sirayeli emkulu pakati kwako.

13 UMGWEBO nge-Babilone, owawubo-
nayo u-Yisaya, unyana ka-Amotse.
2 Misani ibanile pezu kwentaba ende;
pakamisani ilizwi kubo; shukushukumi-
sani isandhla; ukuba bangene emasangwe-
ni abadumileyo. 3 Sendiyalezele abahlu-
lwa bami; ndiwabizile namaroti ami ngen-
nxa yengqumbo yami, abavuyeleli bami
abaneratshi.
4 Isandi sesihlwele ezintabeni, njenge-
sabantu abaninzi; isandi sembutumbutu



University of Fort Hare
Together in Excellence

yezikumkani, sezizwe ezihlanganisiweyo;
UYEHOVA wemikosi uyabala umkosi woku-
lwa. 5 Bavela ezweni elikude, esipe-
lweni sezulu, UYEHOVA nabenzi bomsindo
wake, ukuza kucita ilizwe lonke.
6 Lilani ke, ngokuba umhla KAYEHOVA
ukufupi; njengengcitakaliso evela kona-
mandhla onke uya kuza. 7 Ngenxa yoku
izandhla zonke ziya kupolelwa, nazo zonke
inkliziyo zabantu zonyibilika; 8 baya
kwetuswa; innimba nenklungu ziya kuba-
bamba; njengomfazi ozalayo baya kutu-
tumba; baya kukangelana ngokuti nqa;
ubuso babo boba bubuso bamalangatye.
9 Bona ke, umhla KAYEHOVA uyeza!
unobukali, unokurala, unengqumbo eshu-
shu, ukwenza ilizwe ingcitakalo, naboni
balo ukubatshabalalisa kwa kulo. 10 Ngo-
kuba inkwenkwezi zezulu, nezikwenkwezi
ezikulu zalo, aziyi kukazimlisa ukukanya
kwazo; ilanga loba mnyama ekupumeni
kwalo, nennyanga ayiyi kukanyisa ukuka-
nya kwayo. 11 Ndandiya kwohlwayela
inkohlakalo pezu kwelizwe, nokwona kwa-
bo pezu kwabangalungileyo; uqanqalazo
lwabazidhlayo ndolupelisa, neratshi lwaba-
zidhlwengu ndolitobela pantsi. 12 Amado-
da ndiya kuwenza enqabile pezu kwegolide
ecokisiweyo, nabantu pezu kwegolide yase-
Ofire. 13 Ngenxa yoku ndiya kuzama-
zamisa izulu, nomhlaba uya kungcangcaze-
liswa endaweni yawo; ekuraleni KUKAYE-
HOVA wemikosi, nasemhleni wengqumbo
yake eshushu. 14 Boba njengebadi elisu-
kelwayo, nanjengegusha ezingenamntu
ozibutayo; abanye ngabanye bobeka nga-
sebantwini bakowabo, nabanye ngabanye
bosabela kwelakowabo ilizwe. 15 Osu-
kuba efunyanwa uya kuhlatywa, nosu-
kuba ebaleka wowa ngesirele. 16 Intsa-
tshana zabo ziya kutyunyuzwa pambi kwa-
mehlo abo; izindhlu zabo ziya kupangwa,
nabafazi babo bodhlwengulwa. 17 Bona
ke, ndiya kuwavusa ngakubo ama-Medi,
ati isilivere angayikumbuleli, negolide
angayinyamekeli. 18 Izipeta *zawo* ziya
kutyumza amadodana; nesixakato sesizalo
akayi kuba nanceba ngakuso; iliso lawo
aliyi kuba nalusizi pezu kwabantwana.
19 Kanjalo i-Babilone, ubuhle beziku-
mkani, inkazimlo yobungcwalisa bama-
Kaledine, yoba njengasekucitweni kwe-
Sodome ne-Gomora NGUTIXO. 20 Ayisayi
kumiwa napakade, akuyi kuhlalwa kuyo
kwisizukulwana ngesizukulwana; um-
Arabi akayi kumisa intente kona, nabalusi
abayi kubutumisa kona. 21 Koko ama-
ramncwa asenklango aya kubutuma kona,
ziti izindhlu zabo zizaliswe ngezihulu-
hulu; inciniba ziya kuhlala kona, nem-
buzi ezilixonti ziya kuqakata kona. 22
Impungutye ziya kulila ezindhlwini zabo
ezinkulu, nenncuka ezingxandeni zobu-
yolo: ixesha layo likufupi ukuza, nemihla
yayo ayiyi kwolulwa.

14 Ngokuba UYEHOVA eya kuba nenceba
pezu kwo-Yakobi, abuye aqashe o-
Sirayeli, abahlalise kowabo umhlaba; na-
basemzini baya kuzibandakanyela kubo,
baya kunamatela kwindhlu ka-Yakobi. 2
Baye abantu beya kubatabata, babazise
endaweni yabo: yoti indhlu ka-Sirayeli
ibafuye emhlabeni KAYEHOVA njengezicaka
nanjengezicakakazi; baya kutimba abo ba-
betinjiwe ngabo, bapate pezu kwababande-
zeli babo.
3 Kwakuya kuti emhleni UYEHOVA aya
kukunika ukupumla ebuhlungwini bako,
nasesitukutezini sako, nasenkonzweni elu-
kuni ubukonziswa ngayo; 4 uya kwandula
ukuteta lengoma ngaye ukumkani we-
Babilone, uti:
Hai ukupela kwombandezeli! ukupela
kwombangikazi wegolide! 5 UYEHOVA
wapule intonga yabakohlakeleyo, uswazi
lwabapati. 6 Owabeta abantu ngomsindo
ngokubeta okungenakupela, owapata izi-
zwe ngengqumbo, usukelwe, kungeko oti-
ntelayo. 7 Wonke umhlaba uyapumla,
wonwabile; bayagqabukela ekuculeni. 8
Ewe, imiti yeberoshe iyakuvuyela, *nesedare*
zase-Lebanone, *zisiti:* Kuseloko uleleyo,
akuko 'mgauli onyukeleyo ngakuti. 9 Iha-
desi yasezantsi iyazanyazanyiswa ngenxa
yako, ukuya ku*ku*kaulela ekungeneni kwa-
ko; iyakuvusela abafileyo, bonke abakokeli
bomhlaba; iyabenza basuke eziteroneni
zabo bonke okumkani bezizwe. 10 Aba
bonke baya kuteta, bati kuwe: Ude waba
'butataka njengati nawe na? ude wafana
nati na? 11 Ubungangamsha bako buhlise-
lwe ehadesi, nenklokoma yeziculiso zako;
ngapantsi kwako kwandhlelwe izibungu,
nesigubungelo sako zimpetu. 12 Hai
ukuwa kwako ezulwini, kwezindini, nyana
wokusa! *hai* ukugaulelwa kwako emhla-
beni, wena owawisa pantsi izizwe! 13
Owawusiti enkliziyweni yako: Ndonyu-
kela ezulwini; pezulu pezu kwenkwe-
nkwezi ZIKATIXO ndiya kupakamisa iterone



University of Fort Hare

yami; ndohlala entabeni yenklanganiso,
emacaleni asenode; 14 ndiya kunyuka
pezu kwobude bamafu; ndozifanisa nopezu
konke. 15 Kodwa uyahliselwa ehadesi,
emacaleni esihogo. 16 Abo bakubonayo
bokukangela, bakugqale, *bati:* Nguye ke
na lowamntu owazamazamisa umhlaba,
owangcangcazelisa izikumkani, 17 owawe-
nza umhlaba omiwayo njengenklango, ne-
zixeko zawo wazicita, nababanjwa bake
akabavulelanga indhlela yokugoduka? 18
Bonke okumkani bezizwe, bona bonke
balele ebungcwaliseni, abanye ngabanye
emadhlakeni abo; 19 kanti wena ulahliwe
ngapandhle kwencwaba lako, njengesebe
elitiyekileyo; ugujungelwe ngababule-
weyo, abahlatyiweyo ngesirele, abahlela
ematyeni esihogo; njengesidumbu esinya-
telweyo. 20 Akuyi kubandakanywa nabo
ekuncwatyweni; ngokuba ilizwe lako uli-
tshabalalisile, *na*bantu bako ubabulele:
inzalo yabenzi bokungalungileyo abasayi
kudunyiswa napakade. 21 Lungiselani
abantwana bake ukubulawa, ngennxa yen-
kohlakalo yoyise babo, ukuze bangesuki,
bangalifuyi ilizwe, bangazalisi ubuso bom-
hlaba omiwayo ngezixeko kanjako. 22
Ngokuba ndiya kusukela ngakubo, utsho
UYEHOVA wemikosi; ndandiya kunqamlela
i-Babilone igama nesisalela, kwa nonyana
nesalamane, utsho UYEHOVA. 23 Ndandiya
kuyenza ibe yimfuyo yenneanda, namacibi
amanzi; ewe, ndoyitshayela ngomtshayelo
wokutshabalalisa, utsho UYEHOVA wemi-
kosi.

24 UFUNGILE UYEHOVA wemikosi,
ngokuti: Ngennyaniso njengoko ndicingi-
leyo, kwoba njalo, nanjengoko ndicebileyo,
kwoma *njalo!* 25 ukuba ndiya kwapula
um-Asiriya elizweni lami, nokuba ndiya
kumnyatela pezu kwentaba zami; yandule
iyokwe yake imke kubo, nomtwalo wake
ususwe egxalabeni labo. 26 Eli licebo
elicetyiweyo ngawo wonke umhlaba; nesi
sisandhla esoluliweyo pezu kwazo zonke
izizwe. 27 Ngokuba NGUYEHOVA wemikosi
ocebileyo, ngubanina ongatshabalalisayo?
sisandhla sake esoluliweyo, ngubanina o-
ngasinqandayo?

28 NGOMNYAKA wokufa kwokumkani
u-Ahazi, kwabako lomgwebo *wokuti:*
29 Ungavuyi, wena 'Filistiya yonke!
ukuba intonga ekubetileyo yapukile: ngo-
kuba engcanjeni yennyoka kuya kupuma
ibasiliske, nesiqamo sayo soba yinnyoka
ebumlilora epapazelayo. 30 Andule ama-
zibulo amahlwempu adhle, nabasweleyo
balale pantsi ngokunqaba; kodwa ingca-
mbo yako ndoyibubisa ngendhlala, nesisa-
lela sako siya kubulawa. 31 Lila, lisango!
kala, sixeko! unyibilikile, wena 'Filistiya
yonke! ngokuba kuvela enode umsi, kunge-
ko oyedwa emihlambini yake. 32 Kuze
kupendulwe 'nto nina kwizigidimi zesizwe?
Kukuba UYEHOVA umisile i-Ziyone, nokuba
ababandezelwa babantu bake bopepela
kuyo.

15 UMGWEBO nge-Mowabi.
Ngennyaniso ngobusuku bokucita-
kaliswa, i-Hari yase-Mowabi ibujisiwe;
ngennyaniso ngobusuku bokucitakaliswa,
i-Kire yase-Mowabi ibujisiwe. 2 Benyu-
kele etempileni, nase-Dibone, ezindaweni
ezipakamileyo, ukuya kulila; pezu kwe-
Nebo napezu kwe-Medeba o-Mowabi baye-
nza isijwili: kuzo zonke inkloko zabo kuko
ubunqai; zonke indevu zinqunyulwe. 3
Ezitarateni zabo babinqile ngenklakankla-
ka; pezu kwezindhlu zabo, nasezindaweni
ezibanzi zabo, bayenza isijwili bonke, be-
sihla belila. 4 I-Heshebone iyakala, kwa
ne-Elehale; kude kwase-Yahetsa liviwe
ilizwi labo; ngako oko abaxòbileyo bakwa-
Mowabi bayadanduluka; umpefumlo wake
uyatutumela pakati kwake. 5 Inkliziyo
yami iyakala ngennxa ye-Mowabi; abasabi
bayo *bayasabela* e-Tsohare, *njenge*tokazi eli-
minyaka mitatu; ngokuba benyuka nge-
qina lase-Luhiti, belila; ngokuba endhle-
leni yase-Horonayime bevusa isikalo sen-
tshabalalo. 6 Ngokuba amanzi ase-Nimra
eyingcitakalo; ngokuba innca ibunile, u-
tyani bupelile, uhlaza lungaseko. 7 Ngako
oko ubuninzi babuqwebileyo, nembekelo
yabo, bobututela pesheya kwomlanjana
wemineuluba. 8 Ngokuba isikalo sizu-
ngulezela imida yase-Mowabi; kude kube
se-Egelayime ukulila kwayo, ewe, kude
kube se-Bere-elime ukulila kwayo. 9 Na-
ngona amanzi ase-Dimone azele ligazi,
ndiya kupinda noko ukubeka pezu kwe-
Dimone ingozi; *ndiya kuzisa* pezu kwaba-
sindileyo base-Mowabi ingonyama, kwa
pezu kwabaseleyo elizweni.
16 Tumani imvana kumpati welizwe, *ku-*
*tabata* e-Sela kude kube senklango,
entabeni yentombi yase-Ziyone. 2 Ngo-



University of Fort Hare
Together in Excellence

kuba kuya kuti, njengentaka ebadulayo,
ekutshiweyo endhlwini *yayo*, intombi zase-
Mowabi zoba *njalo* emazibukweni ase-Are-
none, *zisiti :* 3 Nikani icebo ; yenzani u-
kwahlula ; beka isitunzi sako njengobusuku
pakati kwemmini enkulu ; fihla abagxoti-
weyo ; osabileyo ungamtyili. 4 Mabapa-
mbukele kuwe abagxotiweyo base-Mowabi ;
ube yindawo yokufihlela kubo ebusweni
bomfaci : ngokuba umbandezeli eya kupela,
ukufaca kuya kugqitywa, abo ba*si*nyatelayo
bobujiswa elizweni. 5 Kukona iterone
iya kuqiniswa ngobubele ; kwakuya ku-
hlala pezu kwayo ngennyaniso, ententeni
ka-Davide, umgwebi, ofuna ubugwebo,
onxamela ubulungisa.
6 Sivile iratshi lika-Mowabi, (uneratshi
kakulu,) ukuzidhla kwake, nokuqanqalaza
kwake, nokukukumala kwake : ziyinto e-
ngendawo ilwimi zake. 7 Ngako oko i-
Mowabi yolilela i-Mowabi, yona yonke iya
kulila ; ngennxa yemisekelo ye-Kire-hare-
sete niya kunewina, nikedamile kanye. 8
Ngokuba amasimi ase-Heshebone ebunile ;
umti weveyine wase-Sibama inkosi zezizwe
zapule amasebe awo adumileyo ; afikelela
e-Yahezere ; alahlekela enklango ; amahlu-
melo awo azandhlele, agqitela elwandhle.
9 Ngako oko ndiya kulilela umti weveyine
wase-Sibama ngokulila kwabase-Yahezere ;
ndokunyela ngennyembezi zami, Heshebo-
ne, ne-Elehale ! ngokuba pezu kweziqamo
zehlobo zako napezu kwokuvuna kwako
umemezo *lwokudwa* luwile. 10 Kususiwe
uvuyo nomgcobo entsimini ecumileyo ; na-
semiyezweni akuko ukucula, akuko uku-
danduluka ; umxovuli akaxovuleli iveyine
ezincinezelweni ; umemezo *lwokuvuya* ndi-
lupelisile. 11 Ngako oko amatumbu ami
ahlokoma njengohadi ngennxa ye-Mowabi,
nombilini wami ngennxa ye-Kire-harese.
12 Kwakuya kuti, okuya abonakele u-Mo-
wabi, okuya uzidinisile pezu kwendawo
epakamileyo, waza wangena endaweni e-
yingcwele yako ukutandaza, akayi kweyisa
noko.
13 Eli lilizwi elitetiweyo NGUYEHOVA
ngo-Mowabi kudala ; 14 kodwa kaloku
UYEHOVA utetile ngokuti : Pakati kwemi-
nyaka mitatu, njengeminyaka yomqeshwa,
ababungcwalisa bakwa-Mowabi baya kude-
lwa, kunye nabo bonke abasihlwele esi-
kulu ; nesisalela sona soba sincinane ku-
nene, singenamandhla.

17 UMGWEBO nge-Damakusi.
Bona ke, i-Damakusi iya kususwa
ingabi sesisixeko ; yoba yimfumba yengci-
takalo. 2 Izixeko zase-Harohere ziya ku-
shiywa ; zoba zezemihlambi, eya kulala
pantsi, kungeko oya kuyitusa. 3 Kanjalo
inqaba iya kupela kwa-Frayime, nobu-
kumkani kwi-Damakusi nesisalela sama-
Siriya ; boba njengababungcwalisa bosapo
luka-Sirayeli, utsho UYEHOVA wemikosi.
4 Kwakuya kuti ngomhla lowo, ubungcwa-
lisa buka-Yakobi buya kutotyelwa pantsi,
nokutyeba kwennyama yake kuya kunqina.
5 Kwoba njengokuya umvuni abuta in-
nqolowa emiyo, azivune izikwebu ngengalo
yake ; kwoba njengokucolwa kwezikwebu
emhlanjeni wama-Rafa. 6 Ngokuba izibi-
kico ziya kusala kona, njengasekuvutulu-
lweni kwomnquma ; ibe mibini *umhlaumbi*
mitatu imifuno encameni yomti omde ;
ibe mine *umhlaumbi* mihlanu emasebeni
*omti* oqamileyo ; utsho UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli.
7 Ngomhla lowo umntu wobeka kumenzi
wake, namehlo ake okangela koyingcwelo
ka-Sirayeli. 8 Akayi kubeka kuzo izibi-
ngelo, umsebenzi wezandhla zake, noko
ikwenzileyo iminwe yake akayi kukuka-
ngela, kwa imifanekiso ka-Ashera, nezifa-
nekiselo zelanga. 9 Ngomhla lowo izixeko
zake ezinqatyisiweyo zoba njengokushiyi-
weyo kwamahlati nemiti emide, ebishiyiwe
kwa pambi kwosapo luka-Sirayeli : zoba
ngamanxuwa ke. 10 Ngokuba umlibele
UTIXO wosindiswa lwako, nelityekazi la-
mandhla ako ungalikumbulanga, kukona
ungatyalayo izityalo ezimnandi, namahlu-
melo asemzini ungawabeka : 11 emmini
yokutyala kwako, ungabiya ; nakusasa, oko
ukubekileyo ungakuhlumisa ; *kodwa* isi-
vuno siya kubaleka, emhleni wobuhlungu
nosizi olunzima.

12 HOI ! imbutumbutu yezizwe ezini-
nzi, eziyenza impitimpiti njengempitimpiti
yelwandhle ; nokugquma kwenklanga,
ezigqumayo njengokugquma kwamanzi
amakulu. 13 Inklanga, njengokugquma
kwamanzi amaninzi zingagquma ; koko
aya kuzitetisa, zide zisabele kude ; zogxo-
twa njengomququ wentaba pambi kwom-
moya, nanjengentenda pambi kwesaqwiti.
14 Ngexesha lokuhlwa, nasi ke isoyikiso !
kungekasi, aziseko ! Esi sisabelwa sabo ba-
sipangayo, nesahlulelwa sabo batimba kuti.



University of Fort Hare

18 Hoi! wena 'lizwe lokuratshaza kwa-
mapiko, elipesheya kwemilambo yase-
Tiyopiya; 2 elitumayo izigidimi ngolwa-
ndhle, nangemikombe yengcongolo pezu
kwobuso bamanzi! Hambani, zitunywa ezi-
namendu! niye kuso isizwe esicitekileyo
esobukileyo, kubo abantu aboyikekileyo
kwa sekuqaleni kwada kwakaloku; isizwe
samandhla amakulu nesokunyatela, esili-
zwe imilambo ilicandayo. 3 Nonke nina
'bemi belizwe, nabahleli emhlabeni! nxa
kupakanyiswa ibanile ezintabeni, kange-
lani; nanxa kuvutelwa ngexilongo, pula-
pulani.
4 Ngokuba UYEHOVA etshilo kumi ukuti:
Ndiya kuti tu, ndibonele ndisendaweni
yami yokuhlala; *kungaba* njengokufudu-
mala okusileyo ekukanyeni *kwelanga*, nje-
ngelifu lombete ekufudumaleni kwexesha
lokuvuna; 5 koko lingekabiko ixesha loku-
vuna, nxa umqumbi selubonxile, na*nxa*
idreyive emuncu ivutwa entyatyambeni,
uya kunqumla intswazi ngezitshetshe zo-
kusika, namagatya wowasusa, wowagaula.
6 Ziya kushiyelwa ndawonye kwintaka-
kazi zentaba, nakwizilo zomhlaba; intaka-
kazi ziya kulenza ihlobo pezu kwazo, nazo
zonke izilo zomhlaba zobenza ubusika pezu
kwazo.
7 Ngeloxesha kwoziswa umnikelo KUYE-
HOVA wemikosi, *uvela kubo* abantu abacite-
kileyo abobukileyo, kwa kubo abantu abo-
yikekileyo ekuqaleni kwada kwakaloku;
isizwe samandhla amakulu nesokunyatela,
esilizwe imilambo ilicandayo; *woziswa*
endaweni yegama LIKAYEHOVA wemikosi,
entabeni ye-Ziyone.

19 UMGWEBO nge-Jipete.
Bona ke, UYEHOVA uya kukwela
pezu kwelifu elikaulezayo, eze e-Jipete;
oti amadalo ase-Jipete azamazame ebu-
sweni bake, nenkliziyo ye-Jipete inyibilike
pakati kwayo. 2 Ndiya kutelekisa ama-
Jipete ngakuwo ama-Jipete, aeya kulwa
omnye ngakuye umzalwana wake, omnye
ngakuye ummelwane wake; isixeko nga-
kuso isixeko, ubukumkani ngakubo u-
bukumkani. 3 Ummoya we-Jipete wo-
pela pakati kwayo, necebo layo ndoli-
tshabalalisa: angafuna ke kumadalo, na-
kwizanuse, nakubo abenzelana nemisho-
logu, nakumatola; 4 kodwa ndiya kuwani-
kela ama-Jipete esandhleni senkosi elu-
kuni, wayo ukumkani obukali eya kupata
pezu kwawo, itsho INKOSI, UYEHOVA wemi-
kosi.
5 Kanjalo amanzi aya kutshitsha elwa-
ndhle, uti umlambo utshe wome. 6 Yaiya
kunuka imilanjana; yopunguleka imijelo
yase-Jipete, itshe ke; ingcongolo nemika-
nzi ziya kubuna. 7 Amadhlelo ngasemla-
njeni, ngaselugudwini lwomlambo, nako
konke okuhlwayelweyo ngasemlanjeni,
kuya kwoma, kupetshulwe, kungabi seko.
8 Ababambi benklanzi baya kugula, bati
bonke abaposa iqeru emlanjeni balile, nabo
bandhlala utambo pezu kwobuso bamanzi
bacubuke. 9 Kanjako abasebenzi befelaso
ecazwayo baya kudana, kwa nabaluki be-
qiya emhlope. 10 Izibonda zayo zapukile;
bonke abasebenzela umvuzo banosizi lwom-
pefumlo.
11 Ngennyaniso inkosana zase-Tsohane
zizidenge; abacebisi abalumkileyo baka-
Faro, icebo labo lidolile: ningati nina
ukutsho ku-Faro ukuti: Ndingunyana wa-
malumko, ndingunyana wokumkani baku-
dala? 12 Apina ke amalumko ako? ma-
kakuxelele kaloku, ukuba ayazi, into iyiyo
ayicebileyo UYEHOVA wemikosi pezu kwe-
Jipete. 13 Inkosana zase-Tsohane zinya-
bile; inkosana zase-Nofe zikohlisiwe; aba-
zinkosi zezizwe zayo bayilahlekisile i-
Jipete. 14 UYEHOVA uwupitikezile pakati
kwayo ummoya wobugwenxa, ide yalahle-
kiswa i-Jipete ngayo yonke imisebenzi
yayo, njengokugexa kwenxila ekuhlanzeni
kwalo. 15 Kanjalo i-Jipete ayiyi kuba
namsebenzi, ongenzwayo yinkloko nomsila,
lisebe nomkanzi. 16 Ngomhla lowo ama-
Jipete oba njengabafazi; aya kungcangca-
zela oyike, ngennxa yokuvivinya kwesa-
ndhla SIKAYEHOVA wemikosi, aya kusivivi-
nya ngakuwo. 17 Ilizwe lakwa-Juda loba
sisoyikiso kwi-Jipete; osukuba elikanka-
nya uya kwoyika pakati kwake, ngennxa
yecebo LIKAYEHOVA wemikosi, ayicebileyo
ngakuyo.
18 Ngomhla lowo kwobako izixeko zi-
hlanu ezweni le-Jipete, ziteta ngokuteta
kwaba-Kanane, zifunga nokufunga KUYE-
HOVA wemikosi; esinye kuya kutiwa sisi-
xeko selanga. 19 Ngomhla lowo kwobako
isibingelo KUYEHOVA pakati kwelizwe le-
Jipete, nentsika *yamatye* ngasemdeni wayo
KUYEHOVA. 20 Sasiya kuba ngumqondiso
nenqina LIKAYEHOVA wemikosi elizweni le-
Jipete; ngokuba beya kukala KUYEHOVA
ngennxa yabo ababandezeli, waeya kuba-



University of Fort Hare
Together in Excellence

tumela umsindisi, nomteteleli, abakulule.
21 Kanjalo UYEHOVA uya kuzazisa kuma-
Jipete, ade ama-Jipete amazi UYEHOVA
ngomhla lowo, amkonze ngedini nangomni-
kelo; ewe, aya kubambisa ngesibambiso
KUYEHOVA, asifeze. 22 Waye UYEHOVA eya
kumana ebeta ama-Jipete, ade awapilise;
ngokuba eya kuguqukela KUYEHOVA, oya
kukungeleka kuwo, awapilise.
23 Ngomhla lowo kwobako umendo
uvela e-Jipete usiya e-Asiriya; oti ama-
Asiriya eze e-Jipete, nama-Jipete *eze* e-
Asiriya; kanjako ama-Jipete aya kukonza
kunye nama-Asiriya. 24 Ngomhla lowo
o Sirayeli boba ngabesitatu kuma-Jipete
nakuma-Asiriya; *boba* litamsanqeliso pa-
kati kwelizwe: 25 ngokuba UYEHOVA we-
mikosi wobatamsanqela, esiti: Makutanyu-
sanqelwe ama-Jipete abantu bami, nama-
Asiriya umsebenzi wezandhla zami, no-
Sirayeli ilifa lami.

20 EMNYAKENI u-Taratane wafikayo
e-Ashedode, (okuya wabetunyiwe
ngu-Saragone ukumkani we-Asiriya,) wa-
lwa ngakuyo i-Ashedode, wayibamba; 2
kwa ngeloxesha wateta UYEHOVA ngo-Yisaya
unyana ka-Amotse, esiti: Hamba, utuku-
lule inklakanklaka esinqeni sako, nezihla-
ngu zako zisuse ezinnyaweni zako. Wenje
njalo ke, ehamba zé, engenazihlangu. 3
Wayesiti UYEHOVA: Njengokuba isicaka
sami u-Yisaya besihamba zé, singenazihla-
ngu, iminyaka yamitatu, singumqondiso
nommangaliso pezu kwe-Jipete napezu
kwe-Tiyopiya: 4 kwa njalo ukumkani we-
Asiriya uya kubafudusa ababanjwa base-
Jipete nabatinjwa base-Tiyopiya, abafana
namaxego, bezé, bengenazihlangu, behlu-
bulukile isibunu, *libe* lihlazo le-Jipete. 5
Baya kwoyika badanele i-Tiyopiya itemba
labo, ne-Jipete uqayiso lwabo. 6 Abemi
balomhlaba baya kuti ngomhla lowo: Bona
ke, linjalo itemba letu, apo sisabele kona
kuncedwe, ukuze sikululwe kukumkani
we-Asiriya: sesiya kuti nina ukusinda ke?

21 UMGWEBO ngenklango yaselwa-
ndhle.
Njengokuti tshe kwezaqwiti esuyide,
ku*njalo* ukuvela kwabo enklango, ezweni
eloyikekileyo. 2 Umboniso onzima waxe-
lwa kumi: umtimbi etimba, nomcitakalisi
ecitakalisa. Nyuka, Helami! vingcela,
Medi! konke ukugula ngayo ndikupelisile.

3 Ngako oko isinqe sami sizele yinklu-
ngu: innimba zindibambile, njengennimba
zomfazi ozalayo: ndigotyiwe, ndide ndi-
ngeva; nditusiwe, ndide ndingaboni. 4
Inkliziyo yami iyayoba, ingcangcazelo
indoyikisile; ubusuku besilangazelelo sa-
mi bundenzelwe obesituso.
5 Kulungiswa isitebe, kulindwa ngaba-
lindi, kutyiwa, kuselwa: sukani, zinkosana!
tambisani ikaka. 6 Ngokuba INKOSI itshilo
kumi ukuti: Hamba, misa umlindi; into
ayibonayo makayixele. 7 Waza wabona
abakweli, *n*amahashe ngamabini, abakweli
bamaqwarashe, *n*abakweli benkamela; wa-
pulapula kunene ngokupulapula okukulu.
8 Wayedanduluka *njeng*engonyama, *esiti*:
Ndema pezu kwendhlu yokulinda, nkosi
yami! futi emmini; napezu kwendawo
yami yokuvarasha ndandimiswa bonke u-
busuku. 9 Kekaloku bona ke, naba besiza
abakweli bengamadoda, *n*amahashe ngama-
bini. Wahambisa wati: i-Babilone iwile,
iwile! nayo yonke imifanekiso eqingqi-
weyo yotixo bayo uyiqekezele emhlabeni.
10 Hai ukubula kwami, nenkozo zesi-
baya sami! oko ndikuvileyo KUYEHOVA
wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, ndikushuma-
yele kuni.

11 UMGWEBO nge-Duma.
Kwabizwa kumi *ngelizwi* livela e-Sehire,
*lisiti*: Mlindi! uti nina ngobusuku? Mlindi!
uti nina ngobusuku? 12 Wati umlindi: U-
kusa kuyeza, kwa nobusuku kanjalo; ukuba
uiya kubuza, buzani; guqukani, yizani.

13 UMGWEBO pezu kwe-Arabi.
Ehlatini lase-Arabi niya kulalisa, nina
'bahambi bama-Dedane! 14 yizani namanzi
konxaniweyo: nina 'bemi belizwe lakwa-
Tema! mpangeleni ngesonka sake osabi-
leyo. 15 Ngokuba besabile pambi kwezi-
rele, pambi kwesirele esiroliweyo, napambi
kwesipeta esityediweyo, napambi kwobu-
nzima bemfazwe. 16 Ngokuba INKOSI
itshilo kumi ukuti: Kwa ungekapeli um-
nyaka, njengeminyaka yomqeshwa, bonke
ubungewalisa bakwa-Kedare bogqityelwa.
17 Nesisalela senani labapete isipeta, ama-
gora onyana baka-Kedare aya kuncitshi-
swa; ngokuba UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
etshilo.

22 UMGWEBO ngesihlambo somboniso.
Unanto nina kaloku, ukuba bonke



University of Fort Hare
Together in Excellence

abako benyukele pezu kwezindhlu? 2
Wena obuzele zizipitipiti, isixeko esixoko-
zelayo, innqili egcobayo! ababuleweyo
bako ababulawanga ngesirele, ababubanga
ekulweni kanjako. 3 Bonke abapati bako
besabile kunye; babanjiwe ngabapete isi-
peta; bonke abafunyanwa kuwe babanjiwe
kunye, *kwa* abo babaleka kude. 4 Ngako
oko ndite: Jikani kumi; ndokwenza rara
ukulila kwami, ninganxameli ukundititu-
zela, pezu kwokubandezelwa kwentombi
yabantu bami. 5 Ngokuba ngumhla wem-
pitizelo, nowokunyatela, nowokuxakeka,
uvela ENKOSINI, KUYEHOVA wemikosi, esi-
hlanjeni somboniso; owokuwisa udonga, no-
wokukalela entabeni. 6 Ama-Helami atwe-
le umpongolo, enennqwelo zinamadoda,
*n*abakweli bamahashe; ati ama-Kire ahlube
ikaka. 7 Kwakuya kuti, imihlambo yako
edhlulisileyo iya kuzala zinnqwelo, naba-
kweli bamahashe bozimisa ngasesangweni.
8 Kutyiliwe isigubungelo se-Juda; ude
wakangela ngalomhla kwizixòbo zendhlu
yehlati. 9 Nentanda zesixeko sika-Davide
nizibonile, ukuba zinninzi; nanihlanganisa
amanzi ecibi lasezantsi. 10 Nezindhlu
zase-Yerusaleme nizibalile; nazicita izin-
dhlu ukunqabisa udonga. 11 Nenza nesi-
gingqi pakati kwazo indonga zombini, *ni-
senz*ela amanzi ecibi elidala. Kodwa ani-
kangelanga kulowo okwenzile oku, noku-
qingileyo kwa kade animgqalanga. 12
INKOSI, UYEHOVA wemikosi, ngomhla lowo,
ibizele ukulila, nesijwili, nobunqai, noku-
binqwa ngenklakanklaka: 13 kanti nanku
ukugcoba nokuvuya, ukubinga inkabi no-
kuxèla igusha, ukutya innyama nokusela
iveyine, *kusitwa;* Masitye sisele, ngomso
sibuba nje! 14 Koko kutyilelwe ezindhle-
beni zami NGUYEHOVA wemikosi, *ukuti:*
Ngennyaniso aniyi kuxolelwa lenkohla-
kalo nide nife! itsho INKOSI, UYEHOVA we-
mikosi.

15 Itsho INKOSI, UYEHOVA wemikosi, u-
kuti: Hamba, uye kwigosa eli, ku-Shibena
opezu kwendhlu, *uti:* 16 Unanto nina apa?
unobanina apa kanjalo, ukuba uzimbele
apa incwaba, *njèngo*zimbela pezulu incwaba
lake, ozisikela eweni indawo yokuhlala?
17 Bona ke! UYEHOVA wokuwisa pantsi
kanye, rotindini! wokusonga ngokuqini-
leyo. 18 Wokuqengqelela kakulu, aku-
qengqele ezweni elibanzi njengembumbu-
lo: apo uya kububa, nalapo kwobako in-
nqwelo zako ezinkle, wena 'lihlazo kwin-
dhlu yenkosi yako! 19 Ndandiya kuku-
gxota ebumeni bako, nasenklalweni yako
uya kukuwisa. 20 Kwakuya kuti ngomhla
lowo, ndiya kubiza isicaka sami, u-Eliya-
kime unyana ka-Hilikiya; 21 endiya kum-
vatisa ingubo yako, ndimbinqise umbinqo
wako; nobupati bako ndobunika esandhleni
sake, waeya kuba nguyise kwabemi base-
Yerusaleme, nakwindhlu ka-Juda. 22
Ndiya kubeka isitshixo sendhlu ka-Davide
pezu kwegxalaba lake; uya kuvula, ku-
ngabiko 'mntu oya kuvala; uya kuvala,
kungabiko 'mntu oya kuvula. 23 Ndiya
kumbetela njengesikonkwane endaweni
eqinileyo, waeya kuba yiterone yobungcwa-
lisa kwindhlu kayise. 24 Baya kuxòma
pezu kwake bonke ubungcwalisa bendhlu
kayise, abantwana nabazukulwana; *nazo*
zonke impahla ezinncinane, kwa kuzo
impahla zezitya kude kube zimpahla zonke
zemipanda. 25 Ngomhla lowo, utsho
UYEHOVA wemikosi, sosuswa isikonkwane
esibetelweyo endaweni eqinileyo; siya
kugaulwa, siwe ke; nomtwalo opezu kwaso
wona wonqanyulwa: ngokuba UYEHOVA
etshilo.

23 UMGWEBO nge-Tire.
Lilani, zinnqanawa zase-Tareshishe!
ngokuba icitakalisiwe, kungabiko indhlu,
kungabiko ukungena *kuyo:* kuvela eli-
zweni lama-Kiti kutyiliwe kubo *oku.* 2
Yitini cwaka, nina 'bemi besiqiti! wena
abatengi base-Tsidone, abawela ulwandhle,
bakuzalisayo. 3 Napezu kwamanzi ama-
kulu ukuvelisa kwe-Shihore, ukuvunwa
kwomlambo, bekuyinzuzo yaso: sasiyinda-
wo yokutenga yezizwe. 4 Yiba udanile,
Tsidone! ngokuba ulwandhle lutetile, in-
nqaba yaselwandhle, isiti: Bendingenanni-
mba; andizalanga kanjalo; amadodana
andiwondhlile; intombi andizikulisile. 5
Njengokuba bekunjalo ngendaba ze-Jipete,
baya kututumba nangendaba ze-Tire. 6
Welani niye e-Tareshishe; lilani, nina
'bemi besiqiti! 7 Siso esi na *isixeko* senu
semigcobo, esibudala bubobemihla yaku-
dala? ezaso innyawo ziya kusitwala ukuya
kupambukela kwa kude. 8 Ngubanina
okucebileyo oku ngakuyo i-Tire, ezabayo
ikrone, ebatengi bazinkosana, ebatengisi
bangabadumileyo bomhlaba? 9 NGUYEHOVA
wemikosi okucebileyo, ukuba ancolise ira-
tshi lenkazimlo yonke, *n*okuba adelekise
bonke abadumileyo bomhlaba. 10 Canda



University of Fort Hare
Together in Excellence

elizweni lako njengomlambo, ntombi yase-
Tareshishe! umbambo awuseko. 11 Isa-
ndhla sake usolulile pezu kwolwandhle,
izikumkani uzingcangcazelisile; UYEHO-
VA uyalele ngayo i-Kanane, ukuba ku-
tshatyalaliswe indawo zayo ezinqabileyo.
12 Ute: Akusayi kubuya ugcobe, ntombi
ipela ebandezelweyo, ntombi yase-Tsidone!
Suka, wela uye kwa-Kiti; kwa nakona
akuyi kuba nakupumla. 13 Bona ke ili-
zwe lama-Kaledine! ababantu bebengeko;
um-Asiriya ulimisele abemiyo enklango;
bamisile innqaba zabo zokulinda; bacitile
izindhlukazi zayo; bayenzile ingcitakalo.
14 Lilani, zinnqanawa zase-Tareshishe!
ngokuba icitakalisiwe indawo yenu enqa-
bileyo.

15 Kwakuya kuti ngomhla lowo, i-Tire
yolityalwa iminyaka emashumi asixenxe,
njengemihla yomnye ukumkani: ekupeleni
kweminyaka imashumi asixenxe kwoba
kuyo i-Tire njengengoma kwingnawokazi:
16 Tabata uhadi; jikajikela isixeko, wena
'ngnawokazi elityelweyo! lungisa ukubeta
intambo, vuma ingoma ezinninzi, ukuze
ukunjulwe. 17 Ngokuba kuya kuti eku-
peleni kweminyaka imashumi asixenxe,
UYEHOVA woza kubona i-Tire, eya kubuyela
emvuzweni wayo, yenze nombulo nabo
bonke ubukumkani belizwe obusebusweni
bomhlaba. 18 Kodwa okwentengo yayo
nomvuzo wayo kwoba ngcwele KUYEHOVA;
akuyi kubekelwa, akuyi kutshixelwa ka-
njalo; koko intengo yayo yoba yeyabo ba-
hleliyo pambi KWOYEHOVA, eyokutya ngo-
kukolisa, neyezivato ezihle.

24 BONA ke, UYEHOVA uyalenza zé ili-
zwe, uyalenza ubala; uyapetula ubuso
balo, nabemi balo uyabati sa. 2 Kwoti
ke, njengokuba benjalo abantu, woba njalo
umperisite; njengokuba sinjalo isicaka,
yoba njalo inkosi yaso; njengokuba sinjalo
isicakakazi, yoba njalo inkosikazi yaso;
njengokuba enjalo umtengi, woba njalo
umtengisi; njengokuba enjalo umboleki,
woba njalo obolekwayo; njengokuba enjalo
umamkeli wemali, woba njalo oyinika
kuye. 3 Ilizwe logqityelwa ukwenzwa
zé, logqityelwa nokupangwa; ngokuba
UYEHOVA elitetile ilizwi eli. 4 Ilizwe li-
yalila, liyonakala; umhlaba omiwayo uya-
cubuka, uyonakala; abakulu ebantwini
belizwe bayacubuka. 5 Kanjalo ilizwe
lincolisiwe ngapantsi kwabemi balo; ngo-
kuba begqitile imiteto; baguqule imimiso;
bapulile ucebano olungunapakade. 6 Ku-
ngoko isiqalekiso sidhlayo ilizwe, nabemiyo
kulo bamiselwe ityala; kungoko abemi
belizwe batshisiwe, nabantu abaseleyo ba-
lula. 7 Iveyine entsha iyalila, umti we-
veyine uyabuna; bonke abankliziyo icwa-
yitile bayagula. 8 Uvuyo lwentambula
luyapumla; intsholo yabagcobayo ipe-
lile; uvuyo lwohadi luyapumla. 9 Abayi
kusela iveyine ngengoma; utywala boba
rara kwababuselayo. 10 Isixeko esibu-
nxuwa sicitiwe; zonke izindhlu zivalelwe,
kuze kungangenwa *'mntu.* 11 Kuko uku-
kalelwa iveyine ezitarateni; kuhlwile
umgcobo wonke; kumkile uvuyo lweli-
zwe. 12 Kusele esixekweni utshabalalo,
nesango lona liqekeziwe lacitwa. 13 Koko
kuya kuba njalo emhlabeni, pakati kwezi-
zwe, njengasekuvutululweni kwomnquma,
njengezibikico 'nxa kugqityiweyo ukuvu-
nwa kwemiti yeveyine. 14 Bona baya
kupakamisa ilizwi labo, baya kucula;
ngenxa yobungangamsha BUKAYEHOVA
bodanduluka ngovuyo kwa selwandhle. 15
Ngako oko dumisani UYEHOVA emililweni,
igama LIKAYEHOVA, LOTIXO wo-Sirayeli, ezi-
qitini zolwandhle. 16 Kwa sesipelweni
somhlaba sivile amaculo *okuti:* Makubeko
ubungcwalisa kolungileyo!

Koko ndite: Ilishwa lami! ilishwa
lami! au mina! abatimbi bayatimba; ewe,
itimbo abatimbi bayalitimba. 17 Isoyi-
kiso, nesihogo, nomgibe, zipezu kwako,
wena umiyo emhlabeni! 18 Kwakuya
kuti, lowo usabayo ilizwi lesoyikiso, uya
kweyela esihogweni; nalowo unyukayo
esihogweni, uya kubanjiswa emgibeni:
ngokuba izituba zezulu zivulekile, nemi-
sekelo yomhlaba iyangcangcazela. 19 Ili-
zwe liqekekile kanye, ilizwe lirazukile
kakulu, ilizwe liyahexa kakulu. 20 Ilizwe
liyagexagexa njengenxila, liyazamazama
njengepempe; kunzima pezu kwalo u-
kwona kwalo; liya kuwa, lingabuyi lisuke
kanjalo. 21 Kwakuya kuti ngomhla lowo,
UYEHOVA uya kwohlwaya umkosi wezulu
pezulu, nokumkani bomhlaba emhlabeni.
22 Baya kuhlanganiselwa ndawonye, *nje-
nga*babanjwa besiya esihogweni; babeya
kutshixelwa entolongweni; kodwa emveni
kwemihla emininzi baya kunonelelwa. 23
Innyanga yoba nenkloni, nelanga liya ku-
dana, xeshekweni UYEHOVA wemikosi aya
kupata ubukumkani entabeni ye-Ziyone,



University of Fort Hare
Together in Excellence

nase-Yerusaleme, napambi kwabadala bake,
ngento ebungcwalisa.

25 YEHOVA! UNGUTIXO wami wena;
ndokupakamisa; igama lako ndoliduмisa; ngokuba ukwenzile okungummangaliso;
amacebo *ako* akudala ayinnyaniso
ayinnene. 2 Ngokuba usenzile isixeko
sibe yimfumba, isixeko esinqatyisiweyo
sibe yingcitakalo, ikomkulu labasemzini
lingabi sesisixeko; asisayi kwakiwa napakade. 3 Ngako oko abantu abanamandhla
bokubeka; isixeko sezizwe eziburoti siya
kukwoyika. 4 Ngokuba ubuyinnqaba kolihlwempu, innqaba kosweleyo ebunzimeni
bake, indawo yokupepela ngennxa yesipango, umtunzi ngennxa yokufudumala, nxa
ummoya wabazidhlwengu ubunjengesipango ngaseludongeni. 5 Njengokufudumala
endaweni eyomileyo, uya kudambisa
ingxolo yabasemzini; *njengo*kufudumala
ngesitunzi selifu, ingoma yabazidhlwengu
iya kutotywa.

6 Kwa kulentaba UYEHOVA wemikosi
uya kwenzela abantu bonke isidhlo sezinto
ezityebileyo, isidhlo seveyine inenklenga
zayo, sezinto ezityebileyo zizele ngummongo, seveyine enklenga zayo zihluziweyo.
7 Waeya kutshabalalisa kulentaba ubuso
besigqubutelo esigqubutelayo abantu bonke, nesigubungelo esigubungelayo zonke
izizwe. 8 Uya kugqibela ukutshabalalisa
ukufa; INKOSI ENGUYEHOVA iya kusula innyembezi kubo bonke ubuso, nogxekwa
lwabantu bayo yolususa kuwo wonke
umhlaba: ngokuba UYEHOVA etshilo.

9 Kwakuya kutiwa ngalomhla: Bona
ke, NGUTIXO wetu lo; sikangele kuye, waeya kusisindisa: lo NGUYEHOVA; sikangele
kuye; siya kugcoba sivuye ngalo usindiso
lwake.

10 Ngennyaniso isandhla SIKAYEHOVA
siya kupumla pezu kwalentaba; kodwa u-Mowabi uya kunyatelwa pantsi endaweni
yake, njengokuba innca inyatelwa pantsi
emanzini emfumba yomgquba. 11 Waeya
kuzolula izandhla zake pakati kwawo, njengoko umdadi azolulela ukudada: neratshi
lake wolitobela pantsi, kunye namaqinga
ezandhla zake. 12 Nennqaba ezinde zendonga zako uya kuzitobisa, azitobele pantsi,
aziwisele emhlabeni, kude kube selututulini.

26 NGOMHLA lowo eliculo liya kuvunywa elizweni lakwa-Juda, *lokuti*:
Sinesixeko esinamandhla; usindiso welumisela indonga nendawo ezinqatyisiweyo.
2 Vulani amasango, ukuba singene isizwe
esilungileyo, esigcinayo innyaniso. 3 *O*kucinga kuqinisekile, uya kumgcina eluxolweni olukolisekileyo, ngokuba etembela
kuwe. 4 Tembelani KUYEHOVA kude kube
ngunapakade; ngokuba okunene UYEHOVA
NGUYAHI—ilityekazi elingunapakade. 5
Ngokuba ebatobisile abo babehleli pezulu;
isixeko esipakamileyo usitobêle pantsi;
usitobele pantsi kude kube semhlabeni;
usiwisele kwa selutulini. 6 Unyawo luyasinyatela, innyawo zonosizi, amanyatela
amahlwempu. 7 Indhlela yolungileyo ilungelelene kanye; wena ulungisayo!
indhlela yolungileyo uyayilungelelanisa.
8 Kwa sendhleleni yemigwebo yako, YEHOVA! sikulindile; inkanuko yompefumlo
*wetu* ingasegameni lako, nasekukunjulweni
kwako. 9 Ngompefumlo wami ndikukanukile ebusuku; nangommoya wami pakati kwami ndikufunile kusasa; ngokuba,
okuya imigwebo yako isemhlabeni, abemi
bomhlaba befunda ubulungisa. 10 *Ukuba*
okohlakeleyo uya kupatwa ngofefe, akayi
kufunda ubulungisa *noko*; ezweni lokulunga uya kwenza ngobumenemene, angagqali ubukulu BUKAYEHOVA. 11 YEHOVA!
isandhla sako sipakamile, abasiboni *noko*;
baya kubona, badane ke; ubukwele ngasebantwini bako, ewe, umlilo ngasezintshabeni zako wozigqibela. 12 YEHOVA! uya
kusimisela uxolo; ngokuba usenzele yonke
imisebenzi yetu kanjalo. 13 YEHOVA, TIXO
wetu! *ezinnye* inkosi ngapandhle kwako
zisipete ngamandhla; *kodwa* ngawe wedwa
sokankanya igama lako. 14 Zifile, azisayi
kupila; zibubile, azisayi kuvuka: ngokokuba uzohlwayile wazitshabalalisa, nayo
yonke inkunjulwa yazo wayibubisa. 15
Usandisile isizwe, YEHOVA! usandisile isizwe; wenzelwe ubungcwalisa; zonke izipelo zelizwe uzifudusele kude.

16 YEHOVA! ebunzimeni bakufunile:
batulula intsebezo yokutandaza ngapantsi
kwokubeta kwako. 17 Njengokuba umfazi
omitiyo, ohlalel' ukuzala, enokututumba,
akale ngenklungu zake, sibe sikwa njalo
singeko ebusweni bako, YEHOVA! 18 Besimitile, besinokututumba, sati sakuzala,
ubungummoya; asenzelanga ilizwe usindiswa; kanjako abemi bomhlaba abawanga.

19 Abafileyo bako bobuya bapile; abasidumbu sami baya kuvuka; vukani niculе,



University of Fort Hare
Together in Excellence

nina bahleli elutulini! ngokuba u*njeng*om-
bete wemifuno umbete wako, waye um-
hlaba uya kukupa ababubileyo.
20 Yizani, bantu bami! ngenani ezinka-
mbilini zenu, nivale ingcango zenu emva
kwenu; zifihleni, kube njengexanyana eli-
ncinanana, ude umsindo ugqite. 21 Ngo-
kuba, bona ke! UYEHOVA epuma endaweni
yake, ukuya kuyohlwayela inkohlakalo
yabemi bomhlaba pezu kwabo; kanjalo
umhlaba uya kutyila igazi lawo, ungabi
saselela ababuleweyo bawo.

27 NGOMHLA lowo UYEHOVA uya ku-
beta ngerele lake, elo lilukuni, eli-
kulu, elinamandhla, ileviyatane, innyoka
ebalekayo, kwa ileviyatane, innyoka ejika-
jikayo; nengwenya epakati kwolwandhle
woyibulala.
2 Ngomhla lowo vumani ngawo umyezo
weveyine, *ukuti:* 3 Mina 'YEHOVA ndiya-
wulinda; onke amaxanyana ndowunyela;
ukuze ungonakaliswa, ndiyawulinda na-
semmini nasebusuku. 4 Akuko 'msindo
kumi: ngubanina *noko* oya kuzimisa nga-
kumi imbobo *n*emitolo ekulweni? bendiya
kupumela ngakuzo, bendiya kuzitshisa kwa
kunye. 5 Ukuba kodwa kuko oya ku-
bambelela emandhleni ami, uya kulwenza
uxolo nami; uxolo uya kulwenza nami.
6 Nge*mihla* ezayo u-Yakobi uya kwende-
lisa ingcambo, u-Sirayeli uya kuhluma
atyatyambe, ade azaliso ubuso belizwe
ngeziqamo.
7 Umbetile na njengokumbeta kwo-
wambetayo? ubulewe na njengokubulawa
kwababuleweyo bake? 8 Ngomlinganiso
nangomlinganiso, akundululwa, waupika
naye: wa*m*susa ngommoya wake oqwitayo
emhleni wommoya wasempumalanga. 9
Noko ngako oku inkohlakalo ka-Yakobi
yoxoliselwa; kanjalo oku kusiso sonke
isixakato—ukususwa kwesono sake: nxa
awenza onke amatye esibingelo njengama-
tye ekalike aqekeziweyo; ingabi senakuma
imifanekiso ka-Ashera nezifanekiselo ze-
langa.
10 Ngokuba isixeko esinqatyisiweyo
soba sodwa, soba yinklalo eyekiweyo, eshi-
yiweyo njengobala; apo itole liya kudhla,
nalapo liya kulala pantsi, ligqibe amasebe
aso. 11 Nxa abunileyo amagatya aso, aya
kushunqulwa; baya kuza abafazi, babase
ngawo: ngokuba bengengabantu bona a-
kanokuqonda; ngako oko lowo obenzileyo
akayi kuba nannceba pezu kwabo, nobada-
lileyo akayi kubapata ngofefe.
12 Kwakuya kuti ngomhla lowo, UYE-
HOVA wovutulula, kwa sembaxeni yomla-
mbo kude kube semlanjeni wase-Jipete,
naniya kucolwa ngomnye ngomnye, nina
bonyana baka-Sirayeli! 13 Kwoti ke ka-
njalo ngomhla lowo, kwovutelwa ngexi-
longo elikulu, babeya kuza ababebuba eli-
zweni le-Asiriya, nabagxotiweyo ababese-
lizweni le-Jipete, babedeshe UYEHOVA enta-
beni eyingcwele e-Yerusaleme.

28 KWOBA nzima kuyo ikrone eburatshi
yabanxili bakwa-Frayime, nakuyo in-
tyatyambo eshwabanayo yobuhle babo
obubungcwalisa, epezu kwenkloko yesi-
hlambo esityebileyo sabeyiswayo yiveyine.
2 Bona ke, owomeleleyo onamandhla
WENKOSI, yena, njengesipango sezicoto, *nje-
ngo*mvumbi otshabalalisayo, njengengxo-
kolo yamanzi amakulu akukulayo, woyika-
hlela emhlabeni ngesandhla. 3 Zonyatelwa
ngennyawo ikrone eziburatshi zabanxili
bakwa-Frayime. 4 Nentyatyambo eshwa-
banayo yobuhle babo obubungcwalisa,
epezu kwenkloko yesihlambo esityebileyo,
yoba njengekiwane latanci lingekabiko
ihlobo, eliti lakubonwa ngolikangelayo,
nxa lisesesandhleni sake, liginywe nguye.
5 Ngomhla lowo UYEHOVA wemikosi
woba yikrone yobungcwalisa, nesitsaba
sobuhle, kwisisalela sabantu bake; 6 kwa
nommoya wobugwebo kohleliyo endaweni
yokugweba, noburoti kwababuyisayo uku-
lwa ngasesangweni.
7 Kodwa kwa naba bayaposisa ngeve-
yine, bayagexa ngotyalwa; umperisite
nomprofite bayaposisa ngotyalwa; bagi-
nyelwe yiveyine; bayagexa ngotyalwa;
bayaposisa ngomboniso; bayajingajinga
ekugwebeni. 8 Ngokuba zonke itafile zi-
zele ngumhlanzo nokuncola; akuko 'ndawo
*emhlope.* 9 Uya kufundisa 'banina ukwazi?
uya kuqondisa 'banina intshumayelo?
Abalunyulweyo emasini; abasusiweyo
emabeleni. 10 Ngokuba kuko isiyalo nge-
siyalo, isiyalo ngesiyalo; ummiso ngom-
miso, ummiso ngommiso; intwanantwana
apa, intwanantwana paya.
11 Koko ngomlomo wasemzini, nango-
lwimi lumbi, aya kuteta kwababantu; 12
ngokokuba ebesiti kubo: Nanku ukupu-
mla; pumzani odiniweyo; nanku nokwo-
nwaba; kodwa bebengavumi ukupulapula.



University of Fort Hare
Together in Excellence

13 Ngako ilizwi LIKAYEHOVA lobako kubo,
isiyalo ngesiyalo, isiyalo ngesiyalo; um-
miso ngommiso, ummiso ngommiso; intwa-
nantwana apa, intwanantwana paya: u-
kuze bamane besiwa ngomva, bapulwe,
batiyelwe, babanjwe. 14 Ngako oko, yi-
vani ilizwi LIKAYEHOVA, nina 'bagxeki!
abapata ababantu abase-Yerusaleme. 15
Ngokuba nisiti: Ucebano silwenzile no-
kufa, nemvumelano siyenzile nehadesi;
isibeto esikukulisayo, nxa sicandayo, asiyi
kusifikela, ngokuba simisile ilwimi zibe
yindawo yetu yokupepela, nangapantsi
kwobuxoki sizifihlile. 16 Ngako oko,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke,
ndiya kubeka e-Ziyone libe sisisekelo ili-
tye, ilitye elingiweyo, *ilitye* legumbi eli-
nqabileyo, isisekelo esiqinileyo: lowo uko-
lwayo akayi kuba nokunxama. 17 Koko
ndiya kumisa ubugwebo ngentambo, no-
bulungisa ngeplumete; isipepelo selwimi
izicoto ziya kusimkisa, nendawo yokufi-
hlela amanzi aya kuyikukulisa. 18 Uceba-
no lwenu nokufa lwotshatyalaliswa, nem-
vumelano yenu nehadesi ayisayi kuma;
isibeto esikukulisayo, nxa sicandayo, niya
kwandula ninyatelwe pantsi siso. 19 Nge-
xesha sisukuba sicanda, sonisusa ke; ngo-
kuba ngokusa ngokusa siya kucanda;
ngemmini nangobusuku: kwoba yimvuse-
lelo nokuba kuviwa ireto *laso* kodwa. 20
Ngokuba umandhlalo umfutshane ukuba
kwolulwe, nesigubungelo sixinene ukuba
kutwe tyu. 21 Ngokuba UYEHOVA eya ku-
suka njengasentabeni ye-Peratsime, uya
kuqumba njengasemhlanjeni we-Gibeyone;
ukuba asenze isenzo sake, isenzo sake abe-
ngasazi; nokuba asebenze umsebenzi wake,
umsebenzi wake abengawuqeli. 22 Ngako
kaloku, ningazilahleli ekugxekeni, zingabi
izinxibo zenu ziqiniswe; ngokuba ukugqi-
tyelwa, kwa oko kumisiweyo, ndikuvile,
kuvela ENKOSINI, KUYEHOVA wemikosi, pezu
kwelizwe lonke.

23 Nikani indhlebe, nive ilizwi lami;
pulapulani, nive ukuteta kwami. 24 Yim-
mini yonke na apulushayo umpulushi u-
kuba ahlwayele? *yimmini yonke* na akùbe-
layo aqwakanise umhlaba wake? 25 Akati
na, akuba elungelelanisile ubuso bawo,
andule ayicite idile, ayiti sa ikumine, abeke
innqolowa ngenrozo, neralasi *endaweni* eyi-
miselweyo, nespelete emdeni wake? 26
Ngokuba UTIXO wake emazisa okufane-
lekileyo; yena uyamfundisa. 27 Ngokuba
idile ingabulwa ngentsimbi zento yoku-
bula; kanjako ivili yennqwelo ayiqengqwa
pezu kwekumine: koko idile ibulwayo
ngentonga, nekumine ngoluti. 28 Innqo-
lowa iyanqushwa; ngokuba engayi kuba
ngamaxesha onke eyibula; kanjako akayi
kuqùba ingqengqeleko yennqwelo yake
namahashe ake *pezu kwayo;* akayi kuyityu-
mza. 29 Nalento iyavela KUYEHOVA we-
mikosi, okuceba kungummangaliso, okwe-
nza kukulu.

29 KWOBA nzima kwi-Ariyeli, kwi-
Ariyeli, kwisixeko u-Davide ubehleli
*kuso!* Yongezani umnyaka pezu kwom-
nyaka; imitendeleko mayizunguleze. 2
Noko ndoyixinezela i-Ariyeli, kwakuya
kubako ukulila nosizi; yoba yi-Ariyeli
kumi okunene. 3 Ndokuraula ngento e-
ngqongayo; ndokuvingcela ngelali, ndizi-
mise innqaba ngakuwe. 4 Uya kutotyelwa
pantsi, uya kuteta usemhlabeni, kwoba
kutobekile ukuteta kwako kuselutulini;
ewe, ilizwi lako loba njengelowenzelana
nomshologu livela emhlabeni, nokuteta
kwako kwosebeza kuvela elutulini.

5 Kodwa isihlwele sentshaba zako soba
njengotuli olucolekileyo, nesihlwele sezi-
dhlwengu njengomququ opepukayo; kwoza
kubako ngebaqo, kamsinyane. 6 Uya ku-
betwa NGUYEHOVA wemikosi, ngodudumo,
nangesingcangcazelo somhlaba, nenkloko-
ma enkulu; ngesaqwiti noqwitela, nela-
ngatye lomlilo odhlayo. 7 Njengepupa,
*njengo*mboniso wasebusuku, soba *njalo* isi-
hlwele sazo zonke izizwe ezilwayo ngakuyo
i-Ariyeli; kwa zonke ezilwayo ngakuyo
nangakuzo indawo zayo ezinqatyisiweyo,
nabo bayixinezelayo. 8 Kwoba njengo-
kuya onokulamba apupayo, kekaloku na-
nku esidhla; kodwa akuvuka, umxèlo
wake uzé: umhlaumbi njengokuya onxani-
weyo apupayo, kekaloku nanku esela; ko-
dwa akuvuka, nanku ecubukile, nomxèlo
wake usakanuka. Soba njalo isihlwele
sazo zonke izizwe ezilwayo ngasentabeni
ye-Ziyone.

9 Zilazilani, niti nqa; ziyoliseni, nimfa-
mekiswe: banxilile, koko kungengayo iye-
yine; bayagexa, koko kungengabo utyalwa.
10 Ngokuba UYEHOVA etulule pezu kwenu
ummoya wokwozela, wati vingci amehlo
enu, abaprofite; nabazinkloko zenu, aba-
boni, ubagubungele. 11 Umboniso wonke
uba njengamazwi encwadi encanyatise-



University of Fort Hare
Together in Excellence

lweyo kuni, eka inikwe kowaziyo ukubàla,
kusitwa: Uze uleseshe oku; kanti uti:
Ndikohliwe; ngokuba incanyatiselwe. 12
Umhlaumbi innewadi iyanikwa kulowo
ongakwaziyo ukubàla, kusitwa: Uze ule-
seshe oku; kanti uti: Andikwazi ukubàla.
13 Ngako iti INKOSI: Ngennxa yokuba
ababantu bayasondela ngomlomo wabo,
bandidumise ngenteto yabo, kanti inkli-
ziyo yabo bayikwelelisile kude kumi, no-
kundoyika kwabo kufundisiwe ngomyalelo
wabantu: 14 ngoko, bona ke, ndopinda
ukwenza ngokungummangaliso pakati
kwababantu, ngokumangalisa nangokuti
nqa; ngokuba ubulumko bamalumko abo
buya kububa, nengqondo yezazi zabo iya
kufihleka.

15 Kwoba nzima kubo abangongxayo
ukufihla iqinga *labo* KUYEHOVA, abazenzo
zisebumnyameni, abatshoyo ukuti: Ngu-
banina osibonayo? nokuti: Ngubanina
osaziyo? 16 Hai ubugwenxa benu! Ka-
nene umbumbi uya kubalwa njengodongwe
na? into eyenziweyo iya kutsho na ngom-
enzi wayo ukuti: Akandenzanga? nento
edaliweyo iya kutsho na ngomdali wayo
ukuti: Akanakuqonda?

17 Asi lilo ixeshana elisencinane na,
ide i-Lebanone iguqulwe ibe yintsimi ecu-
mileyo, iti intsimi ecumileyo ibalwe ngo-
kuba lihlati? 18 Ngalomhla izitulu ziya
kuva amazwi ennewadi, ati amehlo emfa-
ma, *ekulubwe* ekusiteni nasebumnyameni,
abone. 19 Abalulamileyo baya kwandisa
uvuyo KUYEHOVA; namahlwempu pakati
kwabantu aya kugcoba koyingcwele ka-
Sirayeli. 20 Ngokuba isidhlwengu sipe-
lile; umgxeki ugqityiwe; nabo bonke
abalindi benkohlakalo banqanyulwe: 21
abanika umntu ityala ngelizwi, batiyela
lowo owohlwayayo esangweni, bamshe-
nxisa olungileyo kungeko 'nto.

22 Ngoko, utsho UYEHOVA kwindhlu ka-
Yakobi, lowo owamkululayo u-Abrahame,
ukuti: u-Yakobi kaloku akayi kudana, no-
buso bake kaloku abuyi kuba mhlope. 23
Koko akubona abantwana bake, umsebenzi
wezandhla zami, pakati kwabo, bolenza
ngcwele igama lami; baya kumenza
ngcwele oyingcwele ka-Yakobi, NOTIXO ka-
Sirayeli baya kumoyika. 24 Abo bala-
hlekileyo ngomnoya baya kukwazi uku-
qonda, nabo beyayo baya kufunda im-
fundo.

30 KWOBA nzima elusatsheni olu-
nenkani, utsho UYEHOVA, olwenzayo
icebo, kodwa akuveli kumi, olutulula imi-
nikelo yokusela, kodwa akuveli kumoya
wami; ukuze lwongeze isono pezu kweso-
no: 2 oluhambayo ukuya kuhlela e-Jipete,
lungabuzanga emlonyeni wami; ukuba lu-
sabele emandhleni ka-Faro, nokuba lupe-
pele esitunzini se-Jipete. 3 Ngako ama-
ndhla ka-Faro oba kukudana kwenu, noku-
pepela esitunzini se-Jipete kwoba kuku-
mata *kwenu*. 4 Ngokuba inkosana zabo
zibe zise-Tsohane, nezitunywa zabo ziû-
kele e-Hanese. 5 Bonke badanile pezu
kwabantu abangebanceedeyo; abangenga-
bokusiza nabokunceda, koko bengabokuda-
nisa nabokuhlazisa. 6 Umtwalo wezilo
zasesuyide: ezweni lobunzima noxinezeko,
ekuvela kulo ingonyamakazi nengonyama
enamandhla, innyushu nennyoka ebumli-
lora epapazelayo, bayatwala ubutyebi babo
pezu kwemihlana yamaqwarashana, nen-
dyebo zabo pezu kwamalunda enkamela,
ukuya ebantwini abangayi kubanceda. 7
Ngokuba i-Jipete uncedo lwayo lwoba
yinto ebunkungu nokungendawo; kukona
ndibizile yona ngokuti: yi-Rahabi ehlala
ingenzi 'nto.

8 Yiza kaloku, ubàle oku ecwecweni
pambi kwabo, ukuqingqe nasenncwadini,
kuze kubeko ngemihla yasemva, ngonapa-
kade kude kube ngunapakade: 9 Okokuba
bona bangabantu abanenkani, usapo
oluxokayo, usapo olungavumi ukupulapula
umteto KAYEHOVA; 10 abati kubaboni:
Ningaboni; nakubaprofite: Ningasibonisi
izinto ezilungileyo; siteteleni izinto ezibu-
telezi; siboniseni izinto ezikohlisayo: 11
pambukani endhleleni, tyekani emzileni;
yenzani oyingcwele ka-Sirayeli ayeke u-
kubako ebusweni betu.

12 Ngako oko utsho oyingcwele ka-Sira-
yeli ukuti: Ngennxa yokuba nilahlile eli-
lizwi, natembela ekubandezeleni nakoku-
gwenxa, naza nayama pezu kwako: 13
ngoko lenkohlakalo yoba kuni njengotanda
luza kuwa, lupuma ngapandhle eludongeni
olude, olukuqekezwa kuzayo kamsinyane,
ngebaqo. 14 Waeya kuluqekeza njengo-
kuqekezwa kwompanda wababumbi otyu-
mkileyo; akayi kuba nalusizi; kuze ku-
ngafunyanwa, ekutyumkeni kwawo, ne-
cepe lokutabata umlilo eziko, nokwongula
amanzi ecibini.

15 Ngokuba isitsho INKOSI ONGUYEHOVA,



University of Fort Hare

oyingcwele ka-Sirayeli, ukuti: Ngoku-
guquka nangokupumla niya kusindiswa;
ngokwonwaba nangetemba kwobako ama-
ndhla enu; kodwa beningavumi. 16 Koko
benisitsho ukuti: Hai! sesiya kubaleka
pezu kwamahashe; ngako oko niya kuba-
leka; nokuti: Sokwela pezu kwanamendu;
ngako oko abo banisukelayo boba namendu.
17 Iwaka linye ngokutetisa kwomnye,
ngokutetisa kwabahlanu niya kubaleka;
nide nisale njengesibonda pezu kwen-
gcopo yentaba, nanjengebanile pezu kwen-
duli.

18 Kwa ngoko UYEHOVA uya kulinda,
ukuba anipate ngofefe, nangoko uya kupa-
kama, ukuba abe nenceba ngakuni; ngo-
kuba UYEHOVA ENGUTIXO wobugwebo: ba-
netamsanqa ke bonke abamlindayo yena.
19 Ngokuba abantu base-Ziyone beya ku-
hlala e-Yerusaleme; akusayi kumana ulila;
woba nofefe kuwe ngokwennene ngelizwi
lesikalo sako; woti akuliva, akupendule.
20 Nakuba INKOSI ininika isonka sobunzima
namanzi embandezelo, abafundisi bako a-
basayi kuzimela noko, kodwa amehlo ako
obabona abafundisi bako; 21 nendhlebe
zako ziya kuliva ilizwi emva kwako, lisiti:
Nantsi indhlela, hambani kuyo; nxa nijika
ngasekunene, nanxa nijika ngasekohlo.
22 Naniya kubala ukuba sincolile isalekwa
semifanekiso yenu yesilivere eqingqiweyo,
nesigubungelo semifanekiso yenu yegolide
etyityishiweyo; uya kuzilahla njengeqiya
encolileyo; uya kuti kuso: Yiti be! 23
Uya kwandula anike imvula yembewu
yako, oya kuhlwayela umhlaba ngayo;
nesonka semveliso yomhlaba, esiya kuba
sesicumileyo nesityebileyo: ngalomhla in-
komo zako zodhla emadhlelweni abanzi.
24 Inkabi nazo, namaqwarashana, ezili-
mayo umhlaba, zotya ukutya okunetyuwa,
okweliweyo ngomnyazi nangento yokwela.
25 Kwakuya kubako pezu kwazo zonke
intaba ezinde, napezu kwazo zonke induli
ezipakamileyo, imilanjana nemisinga ya-
manzi, ngomhla wokubulala okukulu, eku-
weni kwazo innqaba. 26 Kwandule uku-
kanya kwennyanga kube njengokukanya
kwelanga, nokukanya kwelanga kube ngo-
kusixenxe, njengokukanya kwemmini ezi-
sixenxe, emhleni UYEHOVA abopayo isapuko
sabantu bake, nenxeba lokubetwa kwabo
alipolise.

27 Bona ke, igama LIKAYEHOVA livela
kwa kude, isitsha ingqumbo yake, kunzima
ukuqnma *kwayo*: umlomo wake uzele
ngumsindo, nolwimi lwake lunjengomlilo
odhlayo. 28 Ummoya wake unjengomsi-
nga okukulayo, ofikela kwa sentanyeni;
ukuze azihluze izizwe ngenkluzo yokunge-
ndawo; nomkala wokulahlekisa woba se-
mihlatini yabantu. 29 Noba neculo nje-
ngasebusuku bokwenziwa kwomtendeleko
oyingcwele, novuyo lwenkliziyo njengo-
lwohambayo ngomlozi, ukuya entabeni
KAYEHOVA, kwilityekazi lo-Sirayeli. 30
Kanjalo UYEHOVA uya kuvakalisa ilizwi
lake elibungcwalisa, nokuhla kwengalo
yake wokubonakalisa, ngokurala kwengqu-
mbo, nangelangatye lomlilo odhlayo, *ngom*-
vumbi, nezipango, nezicoto. 31 Ngokuba
ngelizwi LIKAYEHOVA um-Asiriya eya kwa-
pulwa; uya kumbeta ngomnqai. 32 Zonke
izidhlulo zentonga emisiweyo, aya kuyi-
beka UYEHOVA pezu kwake, zoba nenta-
mbula nehadi: nangokulwa okubupitipiti
uya kulwa ngakubo. 33 Ngokuba i-Tofete
ilungiselelwe kwa kudala; ewe, yona ilu-
ngiselwe ukumkani; yenziwe enzulu eba-
nzi; igoqo layo lingumlilo nento enninzi
yenkuni; ukupefumla KUKAYEHOVA, nje-
ngomsinga wesufure, kwolipemba.

31 KWOBA nzima kubo abahlela e-Jipete
kuncedwe, abayama emahasheni; aba-
tembela ezinnqwelweni, ngokuba zinninzi,
nakubakweli bamahashe, ngokuba inani
labo likulu; kanti abakangeli koyingcwele
ka-Siryeli, NOYEHOVA abamfuni. 2 Kodwa
yena ulumkile naye, waeya kuzisa ilishwa;
namazwi ake akayi kuwabuyisa; koko eya
kuvuka ngakuyo indhlu yabenzi bokunga-
lungileyo, nangakulo uncedo lwabasebenzi
benkohlakalo. 3 Ngokuba ama-Jipete e-
ngabantu, engenguye UTIXO; namahashe
awo ayinnyama, akanguwo ummoya: nxa
UYEHOVA aya kwolula isandhla sake, kwa
yena oncedayo wokubeka, nalowo unce-
dwayo uya kuwa; bona bonke bogqitywa
kwa kunye.

4 Ngokuba etshilo UYEHOVA kumi ukuti:
Njengokuba ivungama ingonyama, nengo-
nyamana, pezu kwento iyibambileyo, oku-
ya wonke umhlambi wabalusi ubiziwe
ngakuyo; ayituswa ngelizwi labo, ayito-
tywa nangembutumbutu yabo: kwa njalo
uya kuhla UYEHOVA wemikosi, ukuza ku-
lwela intaba ye-Ziyone, nenduli yayo. 5
Njengentaka zigubungela ngamapiko, kwa
njalo UYEHOVA wemikosi wokusela i-Yeru-



University of Fort Hare
Together in Excellence

saleme; ekusela woyihlangula, edhlula
woyisindisa.

6 Buyelani kulowo usapo luka-Sirayeli
lupambukile kude kakulu kuye. 7 Ngo-
kuba ngomhla lowo beya kulahla abanye
ngabanye amadalo abo esilivere, namadalo
abo egolide, lawo izandhla zenu zanenzela
*abe* sisono.

8 Waye um-Asiriya eya kuwa ngesirele
*e*singesesendoda; isirele *e*singesesomntu
siya kumdhla: uya kusaba pambi kwesi-
rele, namadodana ake oba ngabanikeli. 9
Uya kudhlulela eliweni lake ngokwoyika,
nenkosana zake ziya kutuswa ngebanile,
utsho UYEHOVA, omlilo use-Ziyone, noziko
lise-Yerusaleme.

32 BONA ke, ukumkani wopata ubuku-
mkani ngobulungisa, nenkosi ziya
kupata ubukosi ngobugwebo. 2 Umntu
woba njengendawo yokufihla emmoyeni,
neyokuzimela esipangweni; njengemila-
njana yamanzi endaweni eyomileyo, nje-
ngomtunzi weliwa elikulu elizweni elidi-
niweyo. 3 Amehlo abo babonayo akayi
kuba luzizi, nendhlebe zabevayo zopula-
pula. 4 Inkliziyo yabanokunxama iya
kuqiqa ukwazi, nolwimi lwabo batintitayo
lwonxamela ukuteta ekuhleni. 5 Ibedengu
alisakuba sabizwa ngonesisa, nomvimbi
akuyi kutiwa ngaye usisityebi. 6 Ngo-
kuba ibedengu liya kuteta okububedengu,
nenkliziyo yalo iya kudala inkohlakalo;
lisenza ngobuginwa, liteta okugwenxa nga-
kuye UYEHOVA; lishiya zé umxèlo wola-
mbileyo, noselo lonxaniweyo liluswelekisa.
7 Nomvimbi inzuziso zake zikohlakele;
uyaceba amaqinga abumenemene; ukuze
acite amahlwempu ngamazwi obuxoki,
nosweleyo akuteta okufaneleyo. 8 Kodwa
onesisa uyaqinga izinto zobusa, nakuzo
izinto zobusa uya kuma yena.

9 Nina 'bafazi abangenakukutala! vu-
kani, pulapulani ilizwi lami; nina 'zinto-
mbi ezingenakwoyika! nikelani ukuteta
kwami indhlebe. 10 Ngemihla *etile* nga-
pezu kwomnyaka niya kupitizeliswa, nina
*'zintombi* ezingenakwoyika! ngokuba uku-
vunwa kwemiti yeveyine kuya kupela, no-
kubutwa kweziqamo kungayi kuza. 11
Ngcangcazelani, nina *'bafazi* abangenaku-
kutala! tutumelani, nina *'zintombi* ezinge-
nakwoyika! hlubani, nizihlubulule, nibinqe
*ngenklakanklaka* ezinqeni. 12 Bayabeta
pezu kwamabele; ngennxa yamasimi a-
nqwenelekileyo, ngennxa yomti weveyine
oqamileyo. 13 Emhlabeni wabantu bami
kuya kupuma imitolo *n*embobo; ewe, *na*-
pezu kwazo zonke izindhlu zovuyo esixe-
kweni esigcobayo. 14 Ngokuba uxande
luya kuyekwa; ubutyebi besixeko buya
kushiywa; induli nenqaba yokulinda
zoba 'yindawo yemiqolomba kude kube
ngunapakade, uvuyo lwamaqwara, idhlelo
lemihlambi:

15 Kude kugalelwe pezu kwetu UMOYA
evela pezulu; iti inklango ibe yintsimi
ecumileyo, nentsimi ecumileyo ibalwe ngo-
kuba lihlati. 16 Buya kwandula ubu-
gwebo ukuma enklango, nobulungisa uku-
hlala entsimini ecumileyo. 17 Kwoti u-
kwenza kwobulungisa kube luxolo, nokuse-
benza kwobulungisa kube kukuzola noku-
nqaba kude kube ngunapakade. 18 Kanjalo
abantu bami bohlala ekayeni elinoxolo,
nasezinklalweni ezinqabileyo, nasezinda-
weni zokupumla ezonwabileyo: 19 kodwa
kuya kuna izicoto ekuweni kwehlati; sayo
isixeko siya kutotyelwa pantsi ebupantsini.
20 Hai itamsanqa lenu enihlwayelayo
ngakuwo onke amanzi; enikululayo inqina
lenkabi neleqwarashe!

33 KWOBA nzima kuwe ucitakalisayo,
kanti wena akucitakaliswanga; oti-
mbayo, kanti akutinjwanga wena! nxa
ugqibile ukucitakalisa, uya kucitakaliswa;
nxa ufezile ukutimba, kwotinjwa wena.

2 YEHOVA! yiba nofefe kuti; sikangele
kuwe; yiba yingalo yabo imiso yonke;
ewe, *yiba* lusindiso lwetu ngexesha lobu-
nzima. 3 Ngennxa yenklokoma yesipiti-
piti abantu besaba; ekupakameni kwako,
izizwe zitiwe sa. 4 Amaxoba enu aya
kubutwa *njengo*kubuta kwenkumbi; nje-
ngokubaleka kwemiqikela kwobalekelwa
pezu kwawo. 5 UYEHOVA upakanyisiwe;
ngokuba emi pezulu; uzalisile i-Ziyone
ngobugwebo nangobulungisa. 6 Woba
yingqiniso yamaxesha ako, ubuninzi bosi-
ndiso, ubulumko, nokwazi: ukwoyikwa
KUKAYEHOVA kuyindyebo yake.

7 Bona ke, amaroti abo ayakala ngapa-
ndhle; izitunywa zoxolo ziyalila ngobu-
rara. 8 Indhlela zenekile; umhambi uya-
pela: ucebano ulwapule; izixeko uzide-
lile; akakatali ngumntu. 9 Ilizwe liyalila,
liyacubuka; i-Lebanone idanile, iyabuna;
i-Sharone injengobala; i-Bashane ne-Ka-
ramele ziyavutulula *amagqabi*.



University of Fort Hare
Together in Excellence

10 Kaloku ndiya kusuka, utsho UYEHOVA,
kaloku ndiya kuzukiswa, kaloku ndozipa-
kamisa. 11 Niya kukaula isikota; niya
kuzala indiza; owenu umoya ungumlilo
oya kunidhla. 12 Kanjalo izizwe zoba
*njengo*kutsha kwekalike; *njenge*minga e-
gauliweyo, ziya kutshiswa ngomlilo. 13
Yivani, nina 'bakude, oko ndikwenzileyo;
nani 'bakufupi, yazini amandhla ami! 14
Aboni bayankwantya e-Ziyone; ukungca-
ngcazela kuqubule abaginwa; ngubanina
wakuti ongahlalayo emlilweni odhlayo?
ngubanina wakuti ongahlalayo ezitshisweni
ezingunapakade?

15 Lowo ohambayo ngokulungisa, eteta
izinto eziyinnene; odelayo inzuzo yemba-
ndezelo, ovutulula izandhla zake ukuba
angapati isinewanewaniso, oti vingci in-
dhlebe zake ukuba angapulapuli okwegazi,
ocimayo amehlo ake ukuba angaboneli ubu-
bi; 16 nguye oya kuhlala pezulu: innqaba
zamawa zoba yinnyango yake; isonka sake
wosipiwa; amanzi ake oba eqinisekile.
17 Amehlo ako okangela ukumkani ebu-
hleni bake: aya kubona amazwe akude.
18 Inkliziyo yako yokumbulela isoyikiso:
upina umbàli? upina umbuti weminikelo?
upina lowo owazibalayo innqaba? 19 A-
bantu abalukuni akusayi kubabona; abantu
abakuteta kungumgushanxa, kungenaku-
qondwa, abanteto iyeyasemzini, ingenaku-
qiqwa.

20 Kangela i-Ziyone, isixeko semitende-
leko yetu: amehlo ako obona i-Yerusaleme
iyinklako eyonwabileyo, intente engayi
kufuduswa; izikonkwane zayo aziyi ku-
nyotulwa napakade, nazo zonke intambo
zayo azisayi kuqaulwa. 21 Koko kwa lapo
UYEHOVA obungewalisa woba yindawo ye-
milambo *ne*yezibaxa ezibanzi kuti; akuyi
kuhamba kuyo umkombe onemipini; ka-
njalo innqanawa enkle ayiyi kudhlula pezu
kwayo. 22 Ngokuba UYEHOVA ngumgwebi
wetu; UYEHOVA ngumnikamteto wetu; U-
YEHOVA ngukumkani wetu; nguye oya ku-
sisindisa.

23 Intambo zako ziyaxengaxenga; be-
bengeqinise isikondo semaste; bebenge-
twabulule iseli. Oko kwabiwa itinjwa
lamaxoba amaninzi; iziqwala zapanga
impango.

24 Akusayi kutiwa ngomiyo kona: Ndi-
yafa; abantu abahleli kuyo boxolelwa
inkohlakalo.

34 SONDELANI, nina 'zizwe! nize
nive; nina 'zinklanga! pulapulani:
mauve umhlaba, nokuzala kwawo; ilizwe,
nako konke ukuvelisa kwalo. 2 Ngokuba
umsindo KAYEHOVA upezu kwazo zonke
izizwe, noburalarume *bake* pezu kwayo
yonke imikosi yazo: uzilahlele ekutshatya-
lalisweni; uzinikele ekubulaweni. 3 Aba-
hlatyiweyo bazo baya kulahlwa, nezidu-
mbu zabo kuya kunyuka ukunuka kwazo;
ziti intaba zinyibilike ngegazi labo. 4
Wonke umkosi wezulu wonyibilikiswa,
namazulu aya kusongwa njengencwadi;
ewe, wonke umkosi wawo wovutuluka,
njengokuvutuluka kwegqabi emtini wove-
yine, nanjengokwelishwabeneyo emkiwa-
neni. 5 Ngokuba isirele sami siya kunxi-
liswa emazulwini; bona ke, pezu kwe-
Edome siya kuhla, napezu kwabantu boku-
lahlela kwami ekutshatyalalisweni, kuze
kugwetywe. 6 Isirele SIKAYEHOVA sizele
ligazi; lityetyisiwe ngenqata; ngegazi
lemvana nelebokwe, ngenqata lezintso
zenkunzi zegusha: ngokuba UYEHOVA e-
nombingo e-Botsera, noxèlo olukulu ezweni
le-Edome. 7 Kwakuya kuhla innyati
kunye nazo, nenkabi kunye nenkunzi;
ilizwe lazo lonyelwa ngegazi, notuli lwazo
luya kutyetyiswa ngenqata. 8 Ngokuba
ngumhla wempindezelo KAYEHOVA, un-
nyaka wokubuyekeza, ekupikeni kwe-
Ziyone. 9 Imilanjana yayo yoguqulwa ibe
litywina, notuli lwayo lube yisufure; ewe,
ilizwe layo loba litywina elivutayo. 10
Aliyi kucinywa nasebusuku nasemmini;
umsi walo uya kunyuka kude kube ngu-
napakade; kwisizukulwana ngesizukulwa-
na loba 'bugxwayiba; kude kube nguna-
pakade kanapakade akuko 'mntu oya ku-
canda kulo. 11 Innewangube nenncanda
zolifuya; isikova nonomyai baya kuma
kulo; ngokuba eya kwolula pezu kwalo
intambo yocitakalo, namatye obuzé. 12
Imiduna yalo, akuko namnye kona aba-
ngawubizayo ebukumkanini; inkosana zalo
aziseko nannye. 13 Ameva aya kupuma
ezingxandeni zalo, amarau namakakakaka
ezinnqatyeni zalo; loba likaya lenncuka,
*n*endawo yokuhlala yenncinba. 14 Ama-
ramnewa asenklango aya kuhlangana nem-
pungutye; imbuzi elixonti yobiza kumli-
ngane wayo; isihuluhulu naso siya kuhla-
la kona ngokwonwaba, sizifumanele inda-
wo yokupumla. 15 Kona apo innyoka
ejubayo iya kuyenza indhlu yayo, izale



University of Fort Hare

amaqanda, iwaqandulelo, ifukamele ngesi-
tunzi sayo ; nakona apo amaxalangakazi o-
hlanganisana, elinye ngelinye linomlingane
walo. 16 Funani ennewadini KAYEHOVA, ni-
leseshe : ayiyi kuba ingeko nannye kwezi ;
ayiyi kuswela umlingane wayo nannye
imazi : ngokuba umlomo wami wona uya-
lele, nomoya wake yena uzihlanganisile.
17 Kanjalo yena uzenzele iqashiso, nesa-
ndhla sake sizabele lona ngentambo ; zoli-
fuya kude kube ngunapakade ; kwisizuku-
lwana ngesizukulwana ziya kuhlala kulo.

35 INKLANGO nelizwe elomileyo zogco-
ba ngennxa yabo, nobala luya kuvuye-
lela, lutyatyambe njengembali. 2 Luya
kutyatyamba ngokukulu, luvuye nokuvu-
ya, kwa ngokuvuyelela nangokucula : luya
kunikwa ubungcwalisa be-Lebanone, inka-
zimlo ye-Karamele no-Sharone : baya ku-
bona ubungcwalisa BUKAYEHOVA, inkazimlo
KATIXO wetu.
3 Yomelezani izandhla ezipolelweyo,
namadolo ahexayo niwaqinise. 4 Yitini
kwabankliziyo inkwantyayo : Yomelelani,
ningoyiki ; nanku UTIXO wenu ! impinde-
zelo iyeza, ukuvuza KUKATIXO ; yena uya
kuza anisindise.
5 Oko amehlo emfama aya kutyilwa, nen-
dhlebe zezitulu zovulwa. 6 Oko isiqwala
siya kutsiba njengexama, nolwimi lwesi-
denge luya kucula : ngokuba amanzi eya
kutyoboza enklango, nemilanjana elubala.
7 Isanga soba licibi, nomhlaba onxaniwe-
yo *woba* ngamatende amanzi ; esikundhleni
senncuka, *apo* zibutuma *kona*, kwobako
indawo yengcongolo nemikanzi. 8 Kwa-
kuya kubako kona umendo opakamileyo,
nendhlela, eya kubizwa ngokuti yindhle-
la ebungcwele ; oncolileyo akayi kudhlula
ngayo, koko iya kuba yeyabo bona ; aba-
hambi, noko bazizidenge, abasakulahleka.
9 Akuyi kubako ingonyama kona ; kanjalo
irannewa eliqwengayo aliyi kunyuka pezu
kwayo ; alisayi kufunyanwa kona : kodwa
abakululweyo baya kuhamba *ngayo*. 10
Ngokuba abahlaulelweyo BAKAYEHOVA
beya kubuya, beze e-Ziyone ngokucula ;
uvuyo olungunapakade lwoba pezu kwen-
kloko zabo ; baya kuzuza umgcobo novuyo,
kubaleke usizi nokugula.

36 KWAYE kute ngoweshumi linesine
umnyaka wokumkani u-Hezekiya, we-
nyuka u-Senakeribe ukumkani we-Asiriya
ngakuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo
zakwa-Juda, wazibamba.
2 Waza ukumkani we-Asiriya wasusa u-
Rabeshake e-Lakishe ukuya e-Yerusaleme,
kukumkani u-Hezekiya, enempi enkulu.
*Weza* wema ngakuwo umjelo wecibi lase-
nkla, ngasemendweni wentsimi yomsuki.
3 Kwandula kwapumela kuye u-Eliyakime
unyana ka-Hilikiya, obepezu kwendhlu,
no-Shibena umbàli, no-Jowahi unyana ka-
Safa umkumbuzi.
4 Waza u-Rabeshake wati kubo : Ize niti
ke ku-Hezekiya : Utsho ukumkani omkulu,
ukumkani we-Asiriya, ukuti : Litemba eli-
nina eli utemba ngalo, *usiti :* 5 Nditi, (kanti
lilizwi lomlomo wodwa,) kuko icebo na-
mandhla ukulwa ? Kaloku utemba kuba-
nina ukuba uvukele ngakumi ? 6 Bona
ke, uyatemba kulomsimelelo wengcongolo
etyumzekileyo, kwi-Jipete ; eti ukuba
umntu uyayama ngayo, yandule ingene
esandhleni sake, isihlabe : unjalo u-Faro
ukumkani we-Jipete kubo bonke abate-
mbayo kuye. 7 Kodwa ukuba uti kumi :
Siyatemba KUYEHOVA, UTIXO wetu ; asi
nguye na, ondawo zake ezipakamileyo
nezibingelo zake u-Hezekiya uzisusile,
wati ko-Juda nakwi-Yerusaleme : Pambi
kwaso isibingelo esi niya kutoba pantsi ?
8 Ngako kaloku uke ungene ekulweni
nenkosi yami ukumkani we-Asiriya, nda-
ndiya kukunika amahashe angamawaka
mabini, ukuba ungati ngecala lako unike
abakweli pezu kwawo. 9 Woti nina pofu
ukunqanda ubuso benkosana innye ezica-
keni zenkosi yami ezincinane ? Noko
uyatemba kwi-Jipete ngennxa yennqwelo
nangennxa yabakweli bamahashe. 10 Ko-
dwa kaloku, kungapandhle KWOYEHOVA na
endinyukile ngakulo elilizwe, ndize ndili-
tshabalalise ? UYEHOVA ute kumi : Nyuka
ngakulo elilizwe, ulitshabalalise.
11 Wandula wati u-Eliyakime, no-Shi-
bena, no-Jowahi, kuye u-Rabeshake : Kau-
tete kwizicaka zako ngesi-Siriya, ngokuba
sisiva tina ; zungateti nati ngesi-Juda,
ezindhlebeni zabantu abapezu kwodonga.
12 Koko wati u-Rabeshake : Kusenkosini
yako na nakuwe, inditumileyo inkosi yami
ukuza kuteta lamazwi ? asi kulamadoda na
ahleliyo pezu kwodonga, ukuba atye elawo
ilindhle, nokuba asele owawo umtundo,
kunye nani ?
13 Waza wema u-Rabeshake, wadandu-
luka ngelizwi elikulu ngesi-Juda, wati :



University of Fort Hare
Together in Excellence

Yivani amazwi ake ukumkani omkulu,
ukumkani we-Asiriya! 14 Utsho uku-
mkani ukuti: Maningakohliswa ngu-He-
zekiya; ngokuba eya kukohlwa kukuni-
sindisa. 15 Kanjako makangati u-Heze-
kiya anitembise KUYEHOVA, ngokuti: UYE-
HOVA wosisindisa ngennyaniso; esisixeko
asisayi kunikelwa esandhleni sokumkani
we-Asiriya. 16 Ningapulapuli ku-Heze-
kiya; ngokuba esitsho ukumkani we-Asi-
riya ukuti: Yenzani uxolo nami, nipumele
kumi, nitye abanye ngabanye kumti we-
veyine wabo, nabanye ngabanye kumki-
wane wabo, nisele abanye ngabanye ama-
nzi equla labo; 17 ndide ndize ndinise
elizweni elinjengelizwe lenu, ilizwe len-
nqolowa neveyine, ilizwe lesonka nemi-
yezo yemiti yeveyine. 18 Makangani-
hendi u-Hezekiya, esiti: UYEHOVA wosisi-
ndisa. Otixo benklanga balisindisa na
abanye ngabanye ilizwe labo esandhleni
sokumkani we-Asiriya? 19 bapina otixo
base-Hamati nabase-Arapadi? bapina otixo
base-Sefarevayime? kanene bayisindisile
i-Samariya esandhleni sami na? 20 Ngo-
banina pakati kwabo bonke otixo bamazwe
lawo, abalisindisileyo ilizwe labo esandhle-
ni sami, ukuba UYEHOVA ayisindise i-Yeru-
saleme esandhleni sami?

21 Koko bebesiti cwaka, bengampe-
ndulanga nangazwi; ngokuba umyalelo
wokumkani ubungowokuti: Aniyi kumpe-
ndula.

22 Kwandula kweza u-Eliyakime unya-
na ka-Hilikiya, obepezu kwendhlu, no-
Shibena umbàli, no-Jowahi unyana ka-
Safa umkumbuzi, ku-Hezekiya, benezivato
ezirazukileyo, bamshumayeza amazwi ka-
Rabeshake.

37 Kwaye kute, akuva u-Hezekiya, wa-
ndula warazula ingubo zake, wazigu-
bungela ngenklakanklaka, wangena en-
dhlwini KAYEHOVA. 2 Waza watuma
u-Eliyakime, obepezu kwendhlu, no-Shi-
bena umbàli, nabadala bakubaperisite,
begujungelwe ngenklakanklaka, ukuya
ku-Yisaya, unyana ka-Amotse, umprofite.
3 Baye besiti kuye: Utsho u-Hezekiya
ukuti: Namhla ngumhla wobunzima, ne-
sohlwayo, nogxeko; ngokuba abantwana
beze endaweni yokutyoboza, kanti akuko
amandhla ukuzala. 4 Kungaba UYEHOVA,
UTIXO wako, uya kuva amazwi ka-Rabe-
shake, otunyiweyo ngukumkani we-Asiri-
ya, inkosi yake, ukuza kutuka UTIXO opi-
lileyo, awohlwayele amazwi awavileyo
UYEHOVA, UTIXO wako; ngako pakamisa
umtandazo ngennxa yesisalela esikoyo.

5 Kwa njalo izicaka zokumkani u-He-
zekiya zeza ku-Yisaya. 6 Waza u-Yisaya
wati kuzo: Niya kutsho enkosini yenu
ngokuti: Utsho UYEHOVA ukuti: Ungoyiki
ngennxa yamazwi uwavileyo, lawo aba-
fana bokumkani we-Asiriya bandigxekile
ngawo. 7 Bona ke, ndiya kubeka ummo-
ya kuye, waeya kuva ireto, abuyele eli-
zweni lake; ndandiya kumenza awe ngesi-
rele elizweni lake.

8 Wada wabuya u-Rabeshake, wamfu-
mana ukumkani we-Asiriya esilwa nga-
kuyo i-Libena: ngokuba ebevile ukuba
undulukile e-Lakishe. 9 Wayesiva ngaye
u-Tiraka ukumkani we-Tiyopiya, kusitwa:
Upumile ukuza kulwa nawe. Wati akuva,
watuma izigidimi ukuya ku-Hezekiya,
esiti: 10 Niya kutsho ku-Hezekiya uku-
mkani wo-Juda, nisiti: Maungakohliswa
NGUTIXO wako, lowo utemba kuye, esiti:
i-Yerusaleme ayiyi kunikelwa esandhleni
sokumkani we-Asiriya. 11 Bona ke, uku-
vile oko bakwenzileyo okumkani be-Asi-
riya kuwo onke amazwe, ngokuwalahlela
ekutshatyalalisweni; kekaloku wena uya
kusindiswa ke na? 12 Otixo benklanga,
ezo bazitshabalalisile obawo, kebazisindisa
na; i-Gozane, ne-Karane, ne-Retsefe, no-
sapo lwase-Hedeni, oluse-Telasare? 13
Upina ke ukumkani we-Hamati, noku-
mkani we-Arapadi, nokumkani wesixeko
se-Sefarevayime, ne-Hena, ne-Hiva?

14 Waye u-Hezekiya eyamkela incwa-
di leyo esandhleni sezigidimi, wayilese-
sha, wenyuka waya endhlwini KAYEHO-
VA; waza u-Hezekiya wayaneka ebu-
sweni BUKAYEHOVA. 15 Watandaza u-
Hezekiya KUYEHOVA, esiti: 16 YEHOVA
wemikosi, TIXO wo-Sirayeli, ohleli pakati
kwazo ikerubime! unguwe wedwa ONGU-
TIXO wabo bonke ubukumkani bomhlaba;
wenzile wena izulu nomhlaba. 17 Tobela,
YEHOVA! indhlebe yako, uve; vula, YEHO-
VA! amehlo ako, ubone; uze uweve onke
amazwi ka-Senakeribe, otumileyo ukutuka
UTIXO opilileyo. 18 Ngennyaniso, YEHOVA!
okumkani be-Asiriya bacitakalisile zonke
izizwe namazwe azo; 19 notixo bazo ba-
balahlele emlilweni: ngokuba bengenga-
bo otixo bona, koko bengumsebenzi we-
zandhla zabantu, imiti namatye; ngako
babatshabalalisile. 20 Ngako kaloku,



University of Fort Hare
Together in Excellence

YEHOVA, TIXO wetu! sisindise esandhleni
sake, ukuze bonke ubukumkani bomhlaba
bazi ukuba wena UNGUYEHOVA, wena we-
dwa.
21 Waza u-Yisaya unyana ka-Amotse
wathuma ku-Hezekiya, esiti: Utsho UYE-
HOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Okokuba
utandazile kumi ngaye u-Senakeribe, uku-
mkani we-Asiriya,—22 lilo eli ilizwi ali-
tetileyo UYEHOVA pezu kwake:

Intombi ipela, intombi yase-Ziyone, iya-
kudela, iyakuhleka; intombi yase-Yeru-
saleme iyahlunguzela inkloko ngakuwe.
23 Ngubanina omtukileyo, nomgxekileyo?
kungakubanina ulipakamisile ilizwi, na-
mehlo ako uwanyusile ngapezulu? ngakuye
oyingcwele ka-Sirayeli. 24 Ngazo izicaka
zako uyitukile INKOSI, wati: Ngobuninzi
bennqwelo zami ndiqolile indawo ezipe-
zulu zentaba, amatambeka e-Lebanone;
sendiya kugaula isedare zayo ezinde, ne-
miberoshe yayo edhlulisileyo; ndofikela
eyokupela indawo yayo yapezulu, ihlati
layo elicumileyo. 25 Ndimbele ndasela
amanzi ke; nangomzantsi wennyawo
zami ndiyomisile yonke imilambo yase-
Jipete.
26 Akuvanga na, ukuba kudala ndikwe-
nzile oku, ukuba emihleni yamatanci nda-
kuqinga? kaloku ndikuzisile kubako, uku-
ba kucitakaliswe izixeko ezinqatyisiweyo
zibe zimfumba ezitshabaleleyo. 27 Ngako
abemi bazo bebenamandhla amancinane;
babete qege, badana nokudana; babe*nje-*
*ngennca* yasendhle, na*njengo*tyani obulu-
hlaza, *njenge*sikota pezu kwezindhlu, na-
*njenge*mbabala kungekadutyulwa. 28 Ko-
dwa ukuhlala kwako, nokupuma kwako,
nokungena kwako, ndiyakwazi, kwa no-
kujala kwako ngakumi. 29 Ngennxa yo-
kuba ukujala kwako ngakumi, nokuratsha
kwako, kunyukele ezindhlebeni zami, ndiya
kufaka igwegwe lami empumlweni yako,
nomkala wami emlonyeni wako, ndize ndi-
kubuyise ngalondhlela ubusiza ngayo.
30 Kanjalo oku kwoba ngumqondiso
kuwe: Kuya kutyiwa lomnyaka okuhlumа-
yo ngokwako; nangomnyaka wesibini oku-
pumayo ngokunjalo; nangomnyaka wesi-
tatu hlwayelani, nivune nokuvuna, tyalani
nemiyezo, nesiqamo sayo nisidhle. 31
Boti abasindileyo bendhlu ka-Juda, abo
baseleyo, babuye bendelise ingcambo nga-
pantsi, bahlanze isiqamo ngapezulu. 32
Ngokuba kuya kupuma e-Yerusaleme isi-
salela, nasentabeni ye-Ziyone abo basi-
ndileyo: ubukwele BUKAYEHOVA wemikosi
bokwenza oku.
33 Ngako oko, utsho UYEHOVA ngaye
ukumkani we-Asiriya ukuti: Akayi ku-
ngena kwesisixeko, akayi kulutolela kona
utolo kanjako; akayi kuza pambi kwaso
nekaka, akayi kuyiposela indulana nga-
kuso kananjalo. 34 Londhlela ubesiza
ngayo, uya kubuya kwa ngayo, nakuso
esisixeko akayi kungena, utsho UYEHOVA.
35 Ngokuba ndiya kukusela isixeko esi,
ndisisindise, ngennxa yokwami, nangennxa
ka-Davide isicaka sami.
36 Yaza yapuma ingelosi KAYEHOVA, ya-
bulala emnqubeni wama-Asiriya ikulu li-
namashumi asibozo enesihlanu lamawaka:
kwati kwakuvukwa kusasa ngomnye um-
hla, nanga onke eyimizimba efileyo. 37
Wandula u-Senakeribe ukumkani we-Asi-
riya wanduluka, wahamba, wabuya, waya
wahlala e-Nineve. 38 Kwada kwati, nxa
abezitoba endhlwini ka-Niseroki utixo
wake, basuka u-Adrameleki no-Sharetsere
onyana bake bambulala ngesirele; bati
bona basindela ezweni le-Ararate: waza
u-Esare-hadoni unyana wake waba ngu-ku-
mkani esikundhleni sake.

38 NGALOMIHLA wabesifa u-Hezekiya
wada waza kububa. Wandula weza
kuye u-Yisaya unyana ka-Amotse, umpro-
fite, wati kuye: Utsho UYEHOVA ukuti:
Yolela indhlu yako; ngokuba uya kububa
wena, akuyi kupila. 2 Waza u-Hezekiya
wasonga ubuso bake ngaseludongeni, wa-
tandaza KUYEHOVA, 3 wati: Ke, YEHOVA!
uze ukumbulele okokuba ndihambile ebu-
sweni bako ngennyaniso nangenkliziyo
ekolisekileyo, nokuba ndikwenzile okulu-
ngileyo emehlweni ako. Waza u-Hezekiya
walila ngokulila okukulu.
4 Landula leza ilizwi LIKAYEHOVA ku-
Yisaya, lisiti: 5 Hamba, uti ku-Hezekiya:
Utsho UYEHOVA, UTIXO ka-Davide uyihlo
wako, ukuti: Ndivile umtandazo wako,
ndibonile innyembezi zako; bona ke, ndiya
kwongeza emihleni yako iminyaka ilishumi
linesihlanu; 6 ndandiya kusindisa wena,
nesixeko esi, esandhleni sokumkani we-
Asiriya; ndosikusela esisixeko kanjalo.
7 Oku kwoba ngumqondiso kuwe uvela
KUYEHOVA, wokuba UYEHOVA uya kwenza
lento ayitetileyo: 8 bona ke, ndiya kubu-
yisa ngomva isitunzi sezinyuko, esihlileyo



University of Fort Hare

pezu kwelitye lokuxela ixesha lika-Ahazi, ngelanga, sibuye izinyuko ezilishumi. Laza labuya ilanga izinyuko ezilishumi, ngezinyuko elibe lihlile ngazo.

9 Ukubàla kuka-Hezekiya ukumkani wo-Juda, akuba ebesifa, waza wapila esifeni sake :

10 Ndati : Ekuhlanganeni kwemihla yami ndiya kungena emasangweni ehadesi; ndihlutiwe isisalela seminyaka yami.
11 Ndati : Andisayi kubona UYEHOVA, UYEHOVA emhlabeni wabahleliyo ; andisayi kukangela abantu kanjako, pakati kwabemi
belizwe elikoyo. 12 Inklalo yami inyotulwe, ifudusiwe kumi, njengentente yomalusi; ndibufinyelisile, njengomluki, ubomi bami; uyanditsheca ezintsingeni ; kwa semmini kude kube sebusuku uyandigqiba wena. 13 Ndazitutuzela kwada
kwasa; njengengonyama, kwa njalo uyawapula onke amatambo ami ; kwa semmini kude kube sebusuku uyandigqiba wena.
14 Njengenkonjane *nanjeng*endwe ndiyalila njalo : ndiyanewina njengehobe ; amehlo ami ayapela *ngokubeka* ngapezulu : YEHOVA ! ndisekubandezelweni ; yiba ngumbambiseli wami.
15 Ndiya kuti nina? njengokuba etshilo kumi, wenje njalo yena : ndohamba kakuhle yonke iminyaka yami, ngennxa yoburara bompefumlo wami. 16 NKOSI ! nge*zizinto* bapila *abantu ;* nangezi*zinto* zonke kuko ubomi bommoya wami ; ngokuba undicacisile, wandenzela ukupila. 17
Bona ke, *buguqulwe* uburara bami obukulu baba luxolo ; wautandile umpefumlo wami, *wandikulula* emnxunyeni wokubola : ngokuba zonke izono zami uziposile emva kwomhlana wako. 18 Ngennyaniso ihadesi ayingekudumise ; ukufa akungekubonge : abo bahleleyo esihogweni abangetembele innyaniso yako. 19 Opilileyo, opilileyo, nguye oya kukudumisa, njengokuba *ndisenje njalo* mina namhla nje : uyise uya kubazisa abantwana innyaniso yako. 20
UYEHOVA *womana* ukundisindisa; ngako siya kubeta izicuiso zami ezinentambo, yonke imihla yokudhla kwetu ubomi, endhlwini KAYEHOVA.

21 Kekaloku wabete u-Yisaya : Mabatabate isimba lamakiwane, balibeke pezu kwetumba, waeya kupila. 22 Wabete no-Hezekiya : Umqondiso uyinto nina wokuba ndiya kunyuka ndiyo endhlwini KAYEHOVA ?

39 NGELOXESHA watuma u-Merodakibaladane, unyana ka-Baladane, ukumkani wo-Babilona, innewadi nebaso ku-Hezekiya ; ngokuba ebevile ukuba ubesifa, nokuba *ubuye* wacaca. 2 Waye u-Hezekiya evuya ngabo, wababonisa indhlu yake yokubekela, isilivere, negolide, nezimnandi, neoli enqabileyo, nayo yonke indhlu yezixòbo zake, nako konke okube kufunyanwa pakati kwendyebo zake : akwabiko 'nto endhlwini yake, nakubo bonke ubukosi bake, abebengaboniswa yona ngu-Hezekiya.

3 Wandula weza u-Yisaya umprofite kukumkani u-Hezekiya, wati kuye : Ato nina lamadoda ? avela pina ukuza kuwe ? Wati u-Hezekiya : Avela elizweni elikude ukuza kumi, e-Babilone. 4 Waza wati : Yinto nina ayibonileyo endhlwini yako? Wayesiti u-Hezekiya : Konke okusendhlwini yami akubonile ; akuko 'nto pakati kwendyebo zami endingawabonisanga yona. 5 Wandula wati u-Yisaya ku-Hezekiya : Yiva ilizwi LIKAYEHOVA wemikosi.
6 Bona ke, imihla iyeza, kwakuba konke okusendhlwini yako, noko bakubekeleyo oyihlo bako kwada kwanamhla, kuya kusiwa e-Babilone ; akuyi kusala nento, utsho UYEHOVA. 7 Nakubo onyana bako abaya kupuma kuwe, abo uya kubazala, baya kususa *innxenye ;* babeya kuba ngababusi eluxandeni lwokumkani we-Babilone. 8 Waza wati u-Hezekiya ku-Yisaya : Lilungile ilizwi LIKAYEHOVA, elo ulitetileyo. Wati kanjako : Ngokuba kuya kubako uxolo nennyaniso emihleni yami.

40 TUTUZELANI, tutuzelani abantu bami, utsho UTIXO wenu. 2 Tetani kamnandi kwi-Yerusaleme, nishumayele kuyo, ukuba ukulwa kwayo kuzalisekile, ukuba inkohlakalo yayo ihlaulelwe ; ukuba yamkele esandhleni SIKAYEHOVA ngokupindiweyo ngennxa yazo zonke izono zayo.

3 Ilizwi lodandulukayo enklango : Lungisani indhlela KAYEHOVA ; yenzelani UTIXO wetu umendo olungeleleneyo elubala. 4 Zonke izihlambo ziya kupakanyiswa, nazo zonke intaba nenduli ziya kutotyelwa pantsi ; okuligoso kwotiwa ntse, nendawo ezibugongxo zoba 'butafa : 5 kwakuya kutyilwa ubungewalisa BUKAYEHOVA ; luti uluntu lwonke lububone kwa kunye : ngokuba umlomo KAYEHOVA utshilo.
6 Ilizwi lati : Danduluka ! Wayesiti :



University of Fort Hare

Ndiya kudanduluka 'nto nina? Lwonke
uluntu luyinnca, nabo bonke ubuhle balo
bunjengembali yasendhle; 7 innca iyoma,
imbali iyabuna, ngokuba ummoya KAYE-
HOVA uvutela pezu kwayo: ngenyaniso
abantu bayinnca. 8 Innca iyoma, imbali
iyabuna; kanti ilizwi LOTIXO wetu liya
kuma kude kube ngunapakade.

9 Nyukela entabeni ende, wena ushu-
mayeza i-Ziyone indaba ezilungileyo! pa-
kamisa ngamandhla ilizwi lako, wena u-
shumayeza i-Yerusaleme indaba ezilungi-
leyo! lipakamise, ungoyiki; yiti kwizi-
xeko zakwa-Juda: Nanku UTIXO wenu!
10 Bona ke, INKOSI ONGUYEHOVA iya kuza
inamandhla, nengalo yayo yoyipatela ubu-
kosi; bona ke, umvuzo wayo unayo,
nenzuzo yayo isebusweni bayo. 11 Iya
kwalusa umhlambi wayo njengomalusi;
imvana iya kuzibuta ezingalweni zayo,
izitwale esifubeni sayo; igushakazi eza-
nyisayo yozitundeza.

12 NGUBANINA olinganisileyo amanzi
esigingqini sesandhla sake; owenzele ama-
zulu umlinganiso ngesoluko seminwe; oba-
mbileyo utuli lwomhlaba esilinganisweni;
ozifakileyo intaba ezintweni zokulungele-
lanisa, nenduli ezintweni zokulinganisa?
13 Ngubanina owalatisileyo umoya KAYE-
HOVA; ote umhlaumbi, engumcebisi wake,
wamazisa? 14 Ucebisene nobanina, ukuba
amqondise, amfundise endhleleni yobu-
gwebo; umhlaumbi amfundise ukwazi,
amazise indhlela yokuqonda? 15 Bona ke,
izizwe zinjengetontsi lasempandeni; ziba-
lwa ngokuba njengotulana lwento yoku-
linganisa: bona ke, iziqiti uyazifunqula
njengentwana ennciuanana. 16 I-Leba-
none ayanele ukwenza umlilo, nezilo zayo
azanele idini lokutshiswa. 17 Zonke izi-
zwe zinjengokungento pambi kwake: zi-
yabalwa nguye ngokuba zincinane koku-
ngento nokungendawo.

18 Niya kufanisa UTIXO nobanina ke?
kanjako yiyipina imfano eniya kuyilinga-
nisa naye? 19 Uti umsebenzi awutyityi-
she umfanekiso, nenncibi iwaleke ngego-
lide; nemixokolelwane yesilivere innoibi
*iyayenza*. 20 Olihlwempu kangaka ukuba
akanamnikelo, uyanyula umti ongenaku-
bola; uyazifunela umsebenzi olumkileyo,
ukuze kumiswe umfanekiso ongayi kushu-
kunyiswa.

21 Anazanga na? anivanga na? anixe-
lelwanga na kwa sekuqaleni? aniqondanga
na kwa sekusekweni kwomhlaba? 22
Nguye ohleliyo pezu kwesazinge somhlaba,
obemi bawo banjengemicikwane; nguye
owolulayo amazulu njengeqiya eshiceneyo,
awatwabulule njengentente yokuhlala;
23 ozenza inkosana zibe yinto engeluto;
abagwebi bomhlaba uyabenza njengoku-
ngendawo. 24 Cebetshu batyaliwe; ce-
betshu bahlwayelwe; cebetshu isipunzi
sabo sendele emhlabeni; kwandule ukuti,
ukuba uka avutele pezu kwabo, babune,
luti uqwitela lumke nabo njengomququ.
25 Niya kundifanisa nobanina ke, endiya
kufana naye? utsho oyingcwele. 26 Pa-
kamisani ngapezulu amehlo enu, nibone,
ngubanina ozidalileyo ezizinto; ovelisayo
umkosi wazo ngenani; zonke ke uyazibiza
ngegama; ngobuninzi bamandhla *ake*,
nobomelelo *bake* obukulu; akuko namnye
engeko.

27 Kunganina ukuba utsho, Yakobi!
nokuba utete, Sirayeli! *ukuti:* Indhlela
yami ifihlelwe UYEHOVA; n*okuti:* Ugwe-
tyelwa lwami lugqitile KUTIXO wami. 28
Akwazanga na? akuvanga na? UTIXO
ongunapakade NGUYEHOVA, umdali wama-
ncame omhlaba; akacubuki yena, akadi-
nwa nokudinwa; ukuqonda kwake akuna-
kupengululwa. 29 Ocubukileyo uyamnika
amandhla; nababutataka uyabandisela ubo-
melelo. 30 Abafana bocubuka badinwe,
namadodana agqibele ukuwa; 31 kanti
abo bakangela KUYEHOVA bohlaziya ama-
ndhla; baya kunyuka ngamapiko njenge-
kozi; bobaleka, bangadinwa; bohamba,
bangacubuki.

41 YITINI ewaka pambi kwami, ziqiti!
nabantu mabahlaziye amandhla; ma-
beze kufupi, bandule batete; masisondele
kunye ekugwebeni.

2 Ngubanina owavusa empumalanga o-
lungileyo, wambizela elunyaweni lwake?
unikele izizwe pambi kwake, wampatisa
okumkani; wenze isirele sabo njengotuli,
nesipeta sabo njengomququ opetshulweyo.
3 Ubasukele, wadhlula ngokunqaba, ngen-
dhlela abengayanga ngenyawo zake. 4
Ngubanina okusebenzileyo nokwenzileyo
*oku*, ebiza izizukulwana kwa sekuqaleni?
Ndimi, UYEHOVA, owokuqala kwa nowoku-
pela, ndimi onguye.

5 Iziqiti zabona, zoyika ke; amancame
omhlaba angcangcazela; asondela, eza ke.





University of Fort Hare

6 Bancedana umntu ummelwane wake;
omnye wati kwomnye: Yomelela! 7 Waza
umsebenzi wayomeleza inncibi, *no*gudisayo
ngesando lowo ubetayo intsimbi yokuka-
ndela, esiti ngento yokutywina: Ilungile;
wayewubetela ngezikonkwane, uze unga-
shukunyiswa.

8 Kodwa wena, Sirayeli! isicaka sami;
Yakobi! ondikuqashileyo, inzalo ka-Abra-
hame umhlobo wami; 9 ondikubambileyo
kwa semancameni omhlaba, ndakubiza kwa
sezipelweni zawo, nondite kuwe: Wena
usisicaka sami; ndikuqashile, andiyi ku-
kulahla: 10 ungoyiki, ngokuba ndinawe
mina; ungabi navuso, ngokuba ndingutixo
wako; ndiya kukwomeleza; ewe, ndiya
kukunceda; ewe, ndokuxasa ngesokunene
isandhla sami esilungileyo. 11 Bona ke,
baya kudana, bamatiswe, bonke abebequ-
mbile ngakuwe; boba njengokungento,
babube, abo bapika nawe. 12 Wobafuna,
kanti akuyi kubafumana, abo abebengxo-
lisana nawe; boba njengokungento noku-
ngendawo abo abebesilwa ngakuwe. 13
Ngokuba mina 'YEHOVA ndingutixo wako,
obambayo isandhla sako sokunene; oti
kuwe: Ungoyiki, ndokunceda ke. 14 U-
ngoyiki, wena 'msundu 'Yakobi, nina 'bafo
bo-Sirayeli! ndokunceda, utsho UYEHOVA,
umkululi wako, oyingcwele ka-Sirayeli.
15 Bona ke, ndiya kukwenza into yoku-
bula, ebukali, entsha, emazinyo maninzi;
uya kubula intaba, uziqwakanise, nenduli
uya kuzenza njengomququ. 16 Uya ku-
zela, uti ummoya uzimkise; uqwitela lwo-
ziti sa kanjalo; kodwa wena uya kugcoba
KUYEHOVA; kuye oyingcwele ka-Sirayeli
uya kuqayisa.

17 Amahlwempu nabasweleyo bayafuna
amanzi, kanti akako; ulwimi lwabo lu-
tshile linxanwa: mina 'YEHOVA ndobape-
ndula; mina 'TIXO wo-Sirayeli andiyi ku-
bashiya. 18 Ndiya kuvumbulula imila-
mbo ezindulini, nemitombo pakati kwemi-
hlambo; ndoyenza inklango ibe licibi la-
manzi, nomhlaba owomileyo ube ngama-
tende amanzi. 19 Ndobeka enklango
umti wesedare, *no*weshitime, nowemutele,
nomti weoli: ndomisa elubala umti webe-
roshe, *no*wetidara, nowetashure kwa ku-
nye: 20 ukuze babone, bazi, bagqale, ba-
qonde kwa kunye, ukuba isandhla SIKAYE-
HOVA sikwenzile oku, nokuba oyingcwele
ka-Sirayeli ukudalile.

21 Sondezani impikiso yenu, utsho UYE-
HOVA; velisani izizatu zenu ezinamandhla,
utsho ukumkani wo-Yakobi. 22 Mabazi-
velise, basityele oko okuya kuhla; maba-
tyele izinto zapambili, ziyinina, ukuba
sizibekele inkliziyo, sikwazi nokupela
kwazo; umhlaumbi, mabasivise izinto ezi-
zayo. 23 Tyelani izinto eziya kuza emva
kwoku, size sikwazi ukuba ningotixo;
ewe, yenzani okulungileyo, umhlaumbi
yenzani okukohlakeleyo, size sibe nevuso,
sibonele kwa kunye. 24 Bona ke, niko-
kuncinane kokungento, nomsebenzi wenu
ukokuncinane kokungendawo: uyinto e-
yintshontsho oniqashayo.

25 Ndimvusile ovela enode, waeya kuza;
ecaleni lokupuma kwelanga uya kubiza
igama lami; woza pezu kwenkosi njenga-
pezu kwodaka, nanjengokuba umbumbi
exovula udongwe. 26 Ngubanina owaku-
xelayo kwa sekuqaleni, ukuba sikwazi?
nasexesheni lapambili, ukuba siti: Ku-
yinnene? Akuko namnye okawakuxela;
akuko namnye okawakuvakalisa; akuko
namnye okaweva amazwi enu. 27 *Mina*
endingowokuqala *nditi* kwi - Ziyone:
Bona, zibone! nakwi-Yerusaleme ndiya
kunika umshumayeli wendaba ezilungi-
leyo. 28 Ngokuba bendikangela, kanti
akwabako namnye, kwa pakati kwabo aba,
kanti akwabako umcebisi, ukuba ndibuze
kubo, nokuba ba*ndi*nike impendulo. 29
Bona ke, bona bonke bakokungendawo;
imisebenzi yabo iyinto engeluto; imifane-
kiso yabo etyityishiweyo ingummoya no-
kungento.

42 KANGELA isicaka sami, endisixasa-
yo; umqashwa wami, *o*ti umpefumlo
wami ukoliswe *nguye;* ndibekile umoya
wami pezu kwake; isigwebo uya kusipumi-
sela kubaheyideni. 2 Akayi kukala, akayi
kudanduluka kanjako; nelizwi lake akayi
kulivakalisa esitarateni. 3 Ingcongolo
etyumzekileyo akayi kuyapula; nomsonto
wesibane ovutayo ngozizi akayi kuwucima;
wopumisa isigwebo ngennyaniso. 4 Akayi
kuncama, akayi kwapuka kanjalo, ade
amise isigwebo emhlabeni: nomteto wake
iziqiti zowulinda. 5 Utsho UTIXO ONGU-
YEHOVA, owadala amazulu, wawolula;
owatwabulula umhlaba, nemveliso zawo;
owanika umpefumlo ebantwini abapezu
kwawo, nommoya kubo abahambayo kuwo,
ukuti: 6 Mina 'YEHOVA ndikubizile
ngennxa yobulungisa; ndandiya kubamba



iversity of Fort Hare

isandhla sako, ndikugcine, ndikunike ube
lucebano ebantwini, ube sisikanyiso ku-
baheyideni; 7 kuze kuvulwe amehlo a-
bumfama, kukutshwe ababanjwa entolo-
ngweni, nabahleli ebumnyameni endhlwini
yokuvalela.

8 Mina ndiNGUYEHOVA; leli igama
lami: ubungcwalisa bami andiyi kubu-
nika kuwumbi, nodumo lwami kwimi-
fanekiso eqingqiweyo. 9 Izinto zapambili,
bona ke, zize kubako; nezinto ezintsha
ndiyazixela: zingekahlumi ndiyanivisa
zona.

10 Vumani KUYEHOVA iculo elitsha, u-
dunyiswa lwake kwa sekupeleni kwomhla-
ba, nina nihlele elwandhle, nokuzala
kwalo, nina 'ziqiti, nabemi bazo! 11
Inklango nezixeko zayo mazipakamise
*ilizwi*, imizi ahleli kuyo ama-Kedare; ma-
bacule abemi base-Sela, bamemeze kwa
sengcopo yentaba. 12 Mabanike ubu-
ngcwalisa KUYEHOVA, nodumo lwake maba-
luxele eziqitini.

13 UYEHOVA uya kupuma njengeroti;
njengendoda yokulwa uya kuvusa ubu-
kwele; uya kudanduluka, ewe, wohlaba
umkosi; uya kwenza ngoburoti ngakuzo
intshaba zake. 14 Kukade ndihleli nditi
tu; ndite cwaka; ndizinyanzele: nje-
ngomfazi ozalayo ndiya kukala; ndope-
fumla ndibefule kwa kunye. 15 Ndiya
kucitakalisa intaba nenduli, nayo yonke
imifuno yazo ndiya kuyomisa; ndoyenza
imilambo ibe ziziqiti, namacibi ndowo-
misa. 16 Ndandiya kuhambisa imfama
ngomendo ezingawazanga; ngendhlela e-
zingazazanga ndozikokela: ndiya kubenza
ubumnyama bube kukukanya pambi
kwazo, namalinda abe litafa: ezizinto ndi-
ya kuzenzela zona, ndandingayi kuzishiya.
17 Bonqandwa ngomva, bodaniswa ka-
kulu, abo batembela kuyo imifanekiso eqi-
ngqiweyo, abati kuyo imifanekiso etyityi-
shiweyo: Nina ningotixo betu.

18 YIVANI, nina 'zitulu! nani 'zim-
fama! kangelani, ukuba nibone. 19 Ngu-
banina oyimfama, kupela sisicaka sami;
umhlaumbi osisitulu, njengesitunywa sami
*endisitumayo*? ngubanina oyimfama nje-
ngaye ofezekileyo? *ngubanina* oyimfama
njengesicaka SIKAYEHOVA? 20 Uyabona
izinto ezininzi ke, kanti akuzigqali; e-
vula indhlebe nje, akeva noko. 21 U-
YEHOVA unovuyo ngenxa yobulungisa
baso; siya kuwenza mkulu umteto, siwu-
zukise.

22 Kodwa aba bangabantu abapangi-
weyo nabatinjiweyo; batiyelwe ezihogweni
bona bonke, nasezindhlwini zokuvalela ba-
fihliwe; bayinto yokupangwa, kanti akuko
ohlangulayo; *ba*yinto yokutinjwa, kanti
akuko otshoyo: Buyisa. 23 Ngubanina
pakati kwenu oya kubekela oku indhlebe?
ngubanina oya kupulapula, eve, ngexesha
elizayo? 24 Ngubanina owanikela u-Ya-
kobi ekutinjweni, no-Sirayeli kubapangi?
Ebengenguye UYEHOVA na; lowo esonileyo
ngakuye, ondhlela zake bebengavumi u-
kuhamba kuzo, nomteto wake bebengawu-
va? 25 Ngako utulule pezu kwake ubu-
shushu bengqumbo yake, namandhla emfa-
zwe; impembele umlilo ngento engqo-
ngayo, kanti ebengazi; yamtshisa, kanti
ebengabekeli *oko* inkliziyo.

43 Kodwa kaloku, utsho UYEHOVA owa-
kwenzayo, Yakobi! nalowo owakuda-
layo, Sirayeli! ukuti: Ungoyiki, ngokuba
ndikukulule; ndikubizile ngegama; wena
ungowami. 2 Nxa udhlulayo pakati kwa-
manzi, ndoba nawe mina; napakati kwe-
milambo, ayiyi kukukukulisa: nxa uha-
mbayo emlilweni, akuyi kurauka; kanjako
ilangatye aliyi kukutshisa. 3 Ngokuba
mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wako, oyingcwe-
le ka-Sirayeli, umsindisi wako; ndinikile
i-Jipete ibe sisizi sako, i-Tiyopiya ne-Seba
esikundhleni sako. 4 Ngenxa yokuba
ubunqabile emehlweni ami, ubunokube-
kwa, nami ndikutandile; ngako ndinikile
abantu esikundhleni sako, nenklanga esi-
kundhleni sobomi bako. 5 Ungoyiki, ngo-
kuba ndinawe mina; ndovelisa inzalo yako
empumalanga, ndikubute nasentshonala-
nga. 6 Ndoti kuyo inode: Kupa; nakuyo
isuyide: Ungatinti; velisa onyana bami
kwa kude, nentombi zami ekupeleni
kwomhlaba; 7 bonke ababizwayo ngegama
lami, endibadalele ubungcwalisa bami,
endibayilileyo, ewe, endibenzileyo.

8 Pumisa abantu abazimfama, abaname-
hlo; nabazitulu, abanendhlebe. 9 Zonke
izizwe mazibutelwe ndawonye; mazihla-
nganiswe inklanga. Ngubanina pakati
kwazo ongaxelayo oku, umhlaumbi ongasi-
visayo izinto zapambili? mabakupe ama-
nqina abo, ukuba bagwetyelwe; kuze ku-
viwe, kutiwe: Kuyinnyaniso. 10 Nina
ningamanqina ami, utsho UYEHOVA, nesi-
caka sami, endisiqashileyo; ukuze nikwazi,



University of Fort Hare

nikolwe kumi, niqonde, ukuba ndinguye:
ngapambi kwami bekungadalwa namnye
utixo, nasemva kwami akuyi kubako nam-
nye. 11 Mina, mina ndinguYEHOVA; aku-
ko namnye umsindisi ngapandhle kwami.
12 Ndixelile, ndisindisile, ndivakalisile,
nxa bekungabiko pakati kwenu *utixo* wa-
semzini; ngako nina ningamanqìna ami,
utsho UYEHOVA, ukuba ndinguTIXO. 13 Kwa
ungekabiko umhla, ndinguye; akuko o-
ngahlangulayo esandhleni sami; ndiya ku-
sebenza, ngubanina ke oya kukunqanda?

14 Utsho UYEHOVA, umkululi wenu, oyin-
gcwele ka-Sirayeli, ukuti: Ngennxa yenu
nditumile e-Babilone, ndawisa zonke izi-
bonda zayo, nama-Kaledine ezinnqanaweni
zokugcoba kwawo. 15 Mina ndinguYE-
HOVA, oyingcwele wenu, umdali wo-Sira-
yeli, ukumkani wenu. 16 Utsho ukuti
UYEHOVA, owenzayo indhlela pakati kwo-
lwandhle, nomzila pakati kwamanzi ana-
mandhla; 17 owakupa innqwelo namaha-
she, umkosi nabanamandhla;—balala pa-
ntsi ndawonye; ababuya besuke; babeci-
nyiwe, bafa njengomsonto wesibane: 18
Ningakumbuli izinto zapambili; nezinto
zakudala ningazigqali. 19 Bona ke, ndiya
kwenza into entsha; kakaloku iya kuhlu-
ma; aniyi kuyazi na? Ndoka ndenze
indhlela enklango, *n*emilambo ebugxwayi-
beni. 20 Izilo zasendhle zondibeka, in-
ncuka nennciniba; ngokuba ndiya kunika
amanzi enklango, *n*emilambo ebugxwayi-
beni, kusezwe abantu bami, abaqashwa
bami. 21 Ababantu ndibadalele mina;
udunyiswa lwami bolubalisa.

22 Kodwa akubizanga kumi, Yakobi! ko-
ko udiniwe ndimi, Sirayeli! 23 Akuzisanga
kumi inkomo ezinncinane zamadini oku-
tshiswa ako, nemibingo yako akundibeka-
nga *ngayo;* andikucubukisanga ngemini-
kelo, andikudinisanga ngesiqumiso ka-
njako. 24 Akunditengelanga ikalamo e-
mnandi ngemali, nenqata lemibingo yako
akundihlutisanga ngalo; koko undicubu-
kisile ngezono zako; undidinisile ngenko-
hlakalo zako. 25 Mina, mina ndinguye,
ocimayo izigqito zako ngennxa yokwami;
nezono zako andiyi kuzikumbula. 26 Ndi-
kumbuze; masipikisane kunye; teta wena,
uze ugwetyelwe. 27 Uyihlo wako omkulu
wonile, nabacazeli bako bagqitile ngakumi.
28 Ngako ndibancolisile abapati beyin-
gcwele *indawo;* ndimnikile u-Yakobi esi-
qalekisweni, no-Sirayeli ezigxekweni.

44 Kodwa kaloku, yiva, Yakobi! isicaka
sami; no-Sirayeli! endimqashileyo.
2 Utsho UYEHOVA, umenzi wako, owakuda-
layo kwa sesizalweni, okuncedayo, ukuti:
Ungoyiki, sicaka sami, Yakobi! nawe,
Yeshurune! endimqashileyo. 3 Ngokuba
ndiya kugalela amanzi pezu kwonxani-
weyo, nezelo pezu kwowomileyo umhlaba;
ndogalela umoya wami pezu kwenzalo
yako, netamsanqeliso lami pezu kwaba-
ntwana bako: 4 abaya kuhluma *njenga*pa-
kati kwennca, njengemincuiuba ngasemi-
lanjeni yamanzi. 5 Omnye woti: Ndingo-
KAYEHOVA; omnye wozibiza ngegama lika-
Yakobi; omnye wobàla esandhleni sake
*ukuti: Ndi*ngoKAYEHOVA; azitiye igama
lika-Sirayeli.

6 Utsho UYEHOVA, ukumkani ka-Sira-
yeli, nomkululi wake, UYEHOVA wemikosi,
ukuti: Ndingowokuqala, ndingowokupela
kanjalo; nangapandhle kwami akuko U-
TIXO. 7 Ngubanina, njengami, oya kushu-
mayela, akuxele, akulungiselele pambi
kwami, kuseloko ndibamisileyo abantu
bakudala? nezinto ezizayo, nezinto eziya
kubako, mabazixele kubo. 8 Ningoyiki,
ningabi nakwetuka kanjalo; andikuvisa-
nga kwa kudala na, ndaxela ke? Ngako
nina ningamanqìna ami. Kuko UTIXO nga-
pandhle kwami na? okunene akuko ilitye-
kazi *limbi;* andilazi nalinye.

9 Abadalayo umfanekiso oqingqiweyo,
bona bonke bak kungendawo; nezinto
zabo ezinqwenelekileyo azincedi luto:
kwa bona bangamanqìna abo; ababoni,
abazi kanjako; ukuze badane. 10 Nguba-
nina odalileyo into engutixo, umhlaumbi
otyityishileyo umfanekiso, ongancedi luto?
11 Bona ke, onke amakolwane ake aya
kudana; nabasebenzi bona bavela eba-
ntwini: mabazihlanganise bonke; mabe-
me; baya kwoyika badane kunye. 12
Inncibi yesincete *iyenza* izembe, isebenze
emalahleni; iyaliyila ngezando, ilikande
ngengalo yayo enamandhla: kanjalo iya-
lamba, ide ingabi namandhla; ayiseli
amanzi, ide icubuke. 13 Inncibi yemiti
iyolula intambo; iyapaula isimilo sawo
ngesiqingqo; iyawulungisa ngenklabo;
iyawupaulela isimilo ngesijikelo; iyawe-
nza njengemfano yomntu, njengobuhle
bendoda; uze uhlale endhlwini. 14 Iya-
zigaulela imiti yesedare; iyatabata umti
weyiletse noweyeke, nalowo iti womelele
pakati kwemiti yehlati; iyatyala umti



University of Fort Hare

weworene, ize imvula iwukulise. 15 Ya-
ndule ibe yeyokutshisa kwomntu, otabata
kuyo, azifudumeze; uti kanjalo apembe
umlilo, ose isonka; ewe, uyenza utixo,
atobe kuye; uyawenza umfanekiso oqi-
ngqiweyo, aqubude pambi kwawo. 16
Innxennye yawo uyayitshisa emlilweni;
pezu kwennxennye yawo uyatya innyama;
uyoja ukwoja, ahluto nokuhluta; uyazifu-
dumeza kanjalo, ati: He, ndifudumele,
ndiwubonile umlilo. 17 Nesisalela sawo
uyasenza sibe ngutixo, umfanekiso oqi-
ngqiweyo wake; uyaqubuda pambi kwawo,
atobe kuwo; uyatandaza kuwo kanjalo,
ati: Ndikulule, ngokuba ungutixo wami
wena. 18 Abazanga, abaqondanga kanja-
ko: ngokuba kusindiwe amehlo abo, ukuba
akangebone, nenkliziyo zabo, ukuba azi-
ngeqiqe. 19 Akuko namnye okumbulayo
enkliziyweni yake, akuko ukwazi nokuqo-
nda kanjako, ukuba kutiwe: Innxennye
yawo ndiyitshisile emlilweni; ewe, nda-
ndosile isonka pezu kwamalahle awo; ndo-
jile innyama, ndayidhla nokuyidhla: ka-
nene iliva lawo ndiya kulenza into eyin-
tshontsho na? ndiya kuqubuda na pambi
kwesipunzi somti? 20 Uyadhla ututu;
inkliziyo ekohlisiweyo impambukisile;
ukuba akangehlangule umpefumlo wake,
akangeti nokuti: Akuko na ubuxoki kwe-
sokunene sami?

21 KUMBULA ezi*zinto*, Yakobi! no-
Sirayeli! ngokuba usisicaka sami wena:
ndikudalile; usisicaka sami: Sirayeli!
akusayi kulityalwa ndimi. 22 Ndizicimile
njengelifu eliyingqingqwa izigqito zako,
nanjengelifu izono zako: buyela kumi,
ngokuba ndikukulule.

23 Culani, nina 'mazulu! ngokuba UYE-
HOVA ekwenzile; dandulukani ngovuyo,
nina 'mazantsi omhlaba! gqabukelani eku-
culeni, nina 'zintaba! wena 'hlati, nayo
yonke imiti ekulo! ngokuba UYEHOVA
emkulule u-Yakobi, wazenzela ubungcwa-
lisa kwa-Sirayeli.

24 Utsho UYEHOVA, umkululi wako, lowo
owakudalayo kwa sesizalweni, ukuti: Mina
ndinguYEHOVA, umenzi wento zonke; ondo-
lulayo amazulu ndedwa, ondatwabulula
umhlaba ngokwami; 25 otshitshisayo imi-
qondiso yamaxoki, nabalauli abahilizise;
owabuyisa amalumko ngomva, nokwazi
kwawo akumatise; 26 oqinisayo ilizwi le-
sicaka sake, necebo lezitunywa zake ali-
feze; oti ngayo i-Yerusaleme: Iya kumi-
wa; nangazo izixeko zase-Juda: Ziya kwa-
kiwa; indawo zayo ezicitakeleyo ndobuya
ndizimise; 27 oti enzulwini: Yiba utshile;
imilambo yayo ndiya kuyomisa; 28 oti
ngaye u-Koreshe: Ngumalusi wami; uya
kufeza yonke intando yami; kwa esiti
ngayo i-Yerusaleme: Iya kwakiwa; na-
*ngayo* itempile: Kwobekwa ukuseka kwa-
yo.

45 Utsho ukuti UYEHOVA kumtanjiswa
wake, ku-Koreshe, endimbambayo
ngesandhla sake sokunene, ukuba kwoyi-
swe izizwe pambi kwake; nezinqe zoku-
mkani ndozitukululela; ukuba kuvulwe
pambi kwake ingcango zokuhlangana; na-
masango akayi kuvalwa: 2 ndiya ku-
hamba pambi kwako, ndizilungelelanise
indawo ezibugongxo; ingcango zexina
ndoziqekeza, nemivalo yesincete ndiya ka-
yinqamla kubini. 3 Ndandiya kunika kuwe
indyebo ezisebumnyameni, nembekelo ezi-
sezindaweni zokufihlela; ukuze ukwazi
ukuba mina ndinguYEHOVA, okubizayo nge-
gama, UTIXO ka-Sirayeli. 4 Ngennxa yesi-
caka sami u-Yakobi, no-Sirayeli umqashwa
wami, sendikubizile ngegama lako; ndi-
kutiyile igama, nakuba ungandazanga. 5
Mina ndinguYEHOVA, akuko wumbi; ngapa-
ndhle kwami akuko UTIXO: ndikubinqisile,
nakuba ungandazanga; 6 ukuze kwaziwe
kwa sekupumeni kwelanga, nasekutsho-
neni kwalo, ukuba akuko ongapandhle
kwami: mina ndinguYEHOVA, akuko wu-
mbi: 7 imbange yokukanya, nomdali wo
bumnyama; umenzi woxolo, nomdali wo-
bubi: mina ndinguYEHOVA, umenzi wezi-
*zinto* zonke. 8 Tontselani, mazulu! kwa
pezulu; namafu makanise ubulungisa;
mauvuleke umhlaba, kuze kuveliswe usi-
ndiso, nobulungisa buhlume kwa kunye:
mina 'YEHOVA ndidalile oku.

9 Kwoba nzima kulowo opika nomdali
wake! Icepe *malipike* namacepe omhlaba.
Udongwe luya kuti na kolubumbayo:
Wenza 'nto nina? umhlaumbi umsebenzi
wako: Akanazandhla? 10 Kwoba nzima
kuye oti kuyise: Uzala 'nto nina? um-
hlaumbi kumfazi: Unennimba nganto
nina?

11 Utsho UYEHOVA, oyingcwele ka-Sira-
yeli, nomdali wake, ukuti: Niyandibuza
na izinto ezizayo ngalo usapo lwami? no-
ndiyalela na ngawo umsebenzi wezandhla
zami? 12 Ndimi owenzayo umhlaba,



University of Fort Hare
Together in Excellence

nomntu ndimdalile pezu kwawo; zizandhla
zami ezolulayo amazulu, nayo yonke imi-
kosi yawo ndiyimisile. 13 Ndimvusile
ngennxa yobulungisa, nazo zonke indhlela
zake ndozilungiselela; uya kusaka isixeko
sami, abandulule abatinjwa bami; kunge-
ngennxa yexabiso, kungengennxa yomvuzo
kanjako, utsho UYEHOVA wemikosi.

14 Utsho UYEHOVA ukuti: Ukuzuza kwe-
Jipete, nokuqweba kwe-Tiyopiya, nama-
Seba, amadoda obude bukulu, odhlulela
kuwe, abe ngawako; okulandela; aya ku-
dhlula ngemixokolelwane; aya kuqubuda
pambi kwako; otandaza kuwe, *esiti:* Oku-
nene UTIXO ukuwe; akuko namnye UTIXO
wumbi.

15 Ngennyaniso wena UNGUTIXO ozifi-
hlayo, TIXO ka-Sirayeli, ongumsindisi!
16 Baya kudana; boviswa ihlazo bonke;
kwa kunye baya kungena ehlazweni, abo
bayenza imifanekiso. 17 *Koko* u-Sira-
yeli aya kusindiswa NGUYEHOVA ngosi-
ndiswa olungunapakade; aniyi kudana,
aniyi kuviswa ihlazo kanjalo, kude kube
ngunapakade. 18 Ngokuba esitsho ukuti
UYEHOVA, umdali wamazulu; yena UNGU-
TIXO, imbange yomhlaba, nomenzi wawo;
nguye owawumisayo; akafumana wawe-
nza; wawudala ukuba umiwe: Mina ndi-
NGUYEHOVA, akuko wumbi. 19 Andite-
tanga emfihlekweni, endaweni yomhlaba
ebumnyama; anditshongo kuyo inzalo ka-
Yakobi ukuti: Fumanani nindifuna; mina
'YEHOVA ndiyateta ubulungisa, ndiyaxela
izinto ezilungileyo.

20 Zihlanganiseni, nize; sondelani nda-
wonye, nina basindileyo bezizwe! Abana-
kwazi abo batwele umti womfanekiso wabo
oqingqiweyo, abatandaza kutixo onge-
nako ukusindisa. 21 Xelani, ni*ba*sondeze;
ewe, mabacebisane: ngubanina okushu-
mayeleyo oku kwa ngapambili? *nguba-
nina* okuxeleyo kwa kudala? Bendinge-
ndimi na, UYEHOVA? akuko UTIXO wumbi
ngapandhle kwami; UTIXO olungileyo, o-
ngumsindisi; akuko ongapandhle kwami.
22 Bekani kumi, nize, nisindiswe, nonke
nina 'zipelo zomhlaba! ngokuba ndinguye
UTIXO, kungeko wumbi. 23 Ndizifungile
mina; kupumile ilizwi emlonyeni wami
ngobulungisa, alisayi kubuya: lokuba o-
guqa kumi onke amadolo, zifunge *kumi*
zonke ilwimi. 24 Ngennyaniso KUYE-
HOVA, kwotshiwo, ndinobulungisa nama-
ndhla; kwa kuye kuya kuziwa; babeya
kudaniswa bonke abaqumbela yena. 25
Ngaye UYEHOVA yonke inzalo ka-Sirayeli
iya kugwetyelwa, iqayise.

46 UBELE uyaguqa; u-Nebo uyatoba
pantsi; amadalo abo abekiwe pezu
kwezilo napezu kwenkomo; imitwalo
yenu yenziwe into yokutweswa, ingum-
sindwa kw*isilo* esidiniweyo. 2 Ziya-
toba pantsi, ziyaguqa kunye; akohliwe
ukukulula umsindwa; ewe, aya ekuti-
njweni kwa wona.

3 Pulapulani kumi, ndhlu ka-Yakobi,
naso sonke isisalela sendhlu ka-Sirayeli!
abatwelweyo kwa sesiswini, abafunqu-
lweyo kwa sesizalweni. 4 Kwa kude
kube sebudaleni ndoba kwa nguye; na-
kude kube sezimvini ndo*ni*twala: nde-
nzile, ndandiya kufunqula; ewe, ndo-
twala, ndi*ni*kulule.

5 Niya kundifanisa nobanina, ukuba
nindilinganise *naye?* niya kundenza nje-
ngo*banina,* ukuba sifane? 6 Bayakupa
into enninzi yegolide enuxoweni, nesilivere
bayilinganisa entweni yokulungelelanisa:
bayaqesha inncibi yegolide, eyenzayo u-
tixo: bayaqubuda, ewe, bayabedesha. 7
Bayamfunqula pezu kwegxalaba; bayam-
twala; bayamhlisa pantsi endaweni yako,
eme ko; akayi kushenxa kuyo indawo
yake: ewe, *umntu* angakala kuye, kanti
akayi kumpendula; akayi kumsindisa
ebunzimeni bake.

8 Kumbulani oku, nenze njengama-
doda; yikumbuzeni inkliziyo, nina 'ba-
gqiti! 9 Kumbulani izinto zangapambili,
ezakudala; ngokuba ndinguye UTIXO,
akuko wumbi; ndiNGUTIXO, akuko onje-
ngami: 10 oxelayo kwa sekuqaleni okwo-
kupela, nasemaxesheni apambili izinto
ezingekenziwa, esiti: Icebo lami liya
kuma, nayo yonke intando yami ndiya
kuyenza: 11 obizayo intakakazi ivele
empumalanga, nendoda yokuceba kwami
elizweni elikude: ewe, nditetile, ndo-
kuzisa kubako kanjako; ndicingile, ndiya
kukwenza kanjako. 12 Pulapulani kumi,
nina 'bankliziyo zinokanda, nina bakude
ekulungeni! 13 Ndiyasondeza ubulungisa
bami; abuyi kuba kude; nosindiso lwami
aluyi kulibala; ndandiya kubekela u-
Sirayeli, ubungcwalisa bami, usindiso e-
Ziyone.

47 Yihla, uhlale elutulini, wena 'ntombi
ipela yase-Babilone! hlala emhlabeni,



University of Fort Hare

ingeko iterone, wena 'ntombi yama-Kale-
dine! ngokuba ungayi kubuya ubizwe
ngokuba ngotambileyo nolibetyebetye. 2
Tabata amatye okusila, usile umgubo;
hluba isigqubutelo sako, funqula amaso-
ndo *engubo,* tyila umlenze, wela imilambo.
3 Ubuzé bako buya kutyilwa, nobuhloni
bako buya kubonwa; ndiya kutabata impi-
ndezelo, ndingabuki 'mntu namnye.
4 Umkululi wetu, NGUYEHOVA wemikosi
igama lake, oyingcwele ka-Sirayeli.
5 Hlala uti tu, uye ebumnyameni, ntombi
yama-Kaledine! ngokuba ungayi kubuya
ubizwe ngokuba yinkosikazi yezikumkani.
6 Bendiqumbile ngasebantwini bami, nda-
ncolisa ilifa lami, ndabanikela esandhleni
sako: akwabenzela izibele; pezu kwaba-
dala wabeka iyokwe yako ngento enzima
kakulu. 7 Wabusiti: Ndoba yinkosikazi
kude kube ngunapakade; waza akwabe-
kela *ezizinto* inkliziyo yako, akwakumbu-
lela ukupela kwazo. 8 Ngako kaloku,
yiva oku, wena ulahlelwe ebuyolweni, o-
hleli ngokunqaba! lowo oti enkliziyweni
yake: Ndimi, akuko ongapandhle kwami;
andiyi kuhlala ndingumhlolokazi, andiyi
kukwazi ukuhlutwa kwabantwana. 9 Ko-
dwa ziya kuza pezu kwako *ezizinto* zo-
mbini, ngepanyazo, emhleni 'mnye, uku-
hlutwa kwabantwana nobuhlolokazi: zoza
pezu kwako ekufezekeni kwazo, ngennxa
yobuninzi bobugqi bako, ngennxa yenani
elikulu lezinyango zako. 10 Ngokuba
ubutemba ekukohlakaleni kwako; wati:
Akuko ondibonayo. Ubulumko bako no-
kwazi kwako, oko kukutyekisile; wabu-
siti enkliziyweni yako: Ndimi, akuko o-
ngapandhle kwami. 11 Ngako ububi boza
pezu kwako; akuyi kukwazi ukusa emva
kwabo: ilishwa liya kuwa pezu kwako,
oya kukohlwa kukulisonga ngesizi; ewe,
utshabalalo lwoza pezu kwako ngokuzuma,
ongayi kulwazi. 12 Hlala ke useku-
nyangeni kwako, nasebuninzini bobugqi
bako, osebenzileyo ngabo kwa sebutsheni
bako; ngati ungaba nokuncedwa, ngati
ungomelezwa. 13 Seludiniwe bubuninzi
bamacebo ako; mabapakame kambe aba-
hluli bamazulu, abakangeli benkwenkwe-
zi, abalaulayo ekutwaseni kwennyanga,
bakusindise kwezo*zinto* eziya kuza pezu
kwako. 14 Bona ke, boba njengendiza;
umlilo wobatshisa; abayi kuzikulula ema-
ndhleni elangatye; akuyi kubako ilahle
lokuba kufudunyezwe, *n*omlilo wokuba
kuhlalwe pambi kwawo. 15 Boba njalo
kuwe, abo usebenzile nabo, abatengelani
bako, kwa sebutsheni bako; baya kuba-
dula abanye ngabanye baye ecaleni labo:
akuko namnye oya kukusindisa.

48 YIVANI oku, ndhlu ka-Yakobi, nina
nibizwayo ngegama lika-Sirayeli, ni-
vela kuwo amanzi akwa-Juda! enifunga
igama LIKAYEHOVA, nimkankanye UTIXO ka-
Sirayeli; kungengayo inyaniso, kunge-
ngabo nobulungisa. 2 Ngokuba bezibiza
ngokuti ngabesixeko esingcwele, besa-
yama pezu kwake UTIXO ka-Sirayeli; NGU-
YEHOVA wemikosi igama lake. 3 Izinto
zangapambili ndazixela kwa kudala; za-
puma emlonyeni wami, ndazivakalisa ke;
ndazenza ngesiqupe, zeza kubako ke. 4
Bendinokwazi ukuba ulukuni wena, ukuba
intamo yako ingumsipa wesincete, nebunzi
lako yixina. 5 Kukona ndazixela kuwe
kwa kudala; zingekezi kubako, ndazishu-
mayela kuwe; hleze uti: Idalo lami lize-
nzile, umhlaumbi, umfanekiso wami oqi-
ngqiweyo, umhlaumbi, umfanekiso wami
otyityishiweyo uzimisile. 6 Uvile ke;
kukangele oku konke; nani aniyi ku-
shumayela na? Ndiyakushumayeza izinto
ezintsha kwa kaloku, nezifihlakeleyo, no-
ngazazanga. 7 Kukaloku zidalwayo, ku-
ngekudala; ungekabiko umhla akuziva-
nga; hleze uti: Bona ke, bendizazi. 8
Ewe, akuvanga; ewe, akwazanga; ewe,
kudala indhlebe yako yaingavulwanga;
ngokuba bendisazi ukuba uya kwenza
ngenkohliso kakulu, nokuba wabubizwa
ngokuba ngumgqiti kwa sesizalweni.
9 Ngennxa yegama lami ndiya kuli-
bazisa ingqumbo yami, na*ngennxa* yo-
dumo lwami ndoyibamba ingabi ngakuwe,
ukuze ndingakunqamli. 10 Bona ke, ndi-
kucokisile, kodwa kungenjengesilivere;
ndikulingile esidhlangalaleni sosizi. 11
Ngennxa yokwami, ngennxa yokwami,
ndiya kukwenza: ngokuba beliya kuncoli-
swa ngokunjanina *igama lami?* nobungcwa-
lisa bami andiyi kubunika kuwumbi.
12 Pulapula kumi, Yakobi! no-Sira-
yeli, umbizwa wami! ndinguye; ndingo-
wokuqala, ndingowokupela kanjalo. 13
Okunene sisandhla sami esibekileyo uku-
seka kwomhlaba, nesokunene sami esa-
twabulula amazulu; ndazibiza mina, zema
kwa kunye. 14 Zihlanganiseni nina no-
nke, nive: ngubanina pakati kwabo oxeli-



University of Fort Hare
Together in Excellence

leyo ezizinto? UYEHOVA umtandile; uya
kuyenza intando yake pezu kwe-Babilone,
nengalo yake yoba *pezu* kwama-Kaledine.
15 Ndimi, ndimi otetileyo; ewe, ndimbi-
zile; ndimzisile, waeya kuba nokutamsa-
nqeleka endhleleni yake.

16 Sondelani kumi, nive oku: andite-
tanga emfihlekweni kwa sekuqaleni; kwa
sexesheni lokubako kwako bendikona; na-
kaloku nje INKOSI ENGUYEHOVA inditumile,
NOMOYA wayo. 17 Utsho UYEHOVA, umku-
luli wako, oyingcwele ka-Sirayeli, ukuti:
Mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wako, okufu-
ndisayo kuze kuncedwe, okukokelayo ngen-
dhlela unga uhamba ngayo. 18 Akwaba
wabupulapule imiyalelo yami! beluya
kwandula uxolo lwako lube njengomla-
mbo, nobulungisa bako bube njengamaza
olwandhle. 19 Kanjalo inzalo yako ibiya
kuba njengenklabati, nemveliso yombilini
wako njengeyombilini walo; ibingayi ku-
nqanyulwa; negama layo belingayi ku-
tshatyalaliswa ebusweni bami.

20 Pumani e-Babilone; sabani kuma-
Kaledine; ngelizwi lokugcoba xelani,
kuvakaliseni oku: kupumiseni kude kube
sesipelweni somhlaba; yitini: UYEHOVA
usikulule isicaka sake u-Yakobi. 21 Aba-
nxanwanga ezindaweni ezomileyo waba-
hambisa *ngazo;* amanzi evela eweni wa-
welisela bona; ewe, walicanda iliwa, aza
amanzi ampompoza. 22 Akuko uxolo,
utsho UYEHOVA, kwabakohlakeleyo.

49 PULAPULANI kumi, nina 'ziqiti!
bekani indhlebe, nina 'bantu bakude!
UYEHOVA undibizile ndisesizalweni; kwa
sembilini kamá ukankanyile igama lami.
2 Uwenzile umlomo wami njengerele elibu-
kali; esitunzini sesandhla sake undifihlile;
undenzile utolo olukazimlayo, wandizime-
za empongolweni wake; 3 wayesiti kumi:
Usisicaka sami wena; endiya kwenzelwa
ubungcwaliswa kuwe, Sirayeli! 4 Ndaza
ndati: Ndifumane ndizama; amandhla
ami ndiwapelisele okungendawo noku-
ngento: noko, ibango lami linaye UYEHOVA,
nomvuzo wami uNOTIXO wami. 5 Naka-
loku uti UYEHOVA, owandidala kwa sesi-
zalweni ukuba ndibe sisicaka sake, ukuze
ndimbuyisele kuye u-Yakobi: Nangona u-
Sirayeli angayi kubutwa, ndiya kubekwa
noko emehlweni KAYEHOVA, ati UTIXO wa-
mi abe ngamandhla ami. 6 Uti kanjalo:
Yinto encinane ukuba ube sisicaka sami,
ukumisa izizwe zika-Yakobi, nokubuyisa
abalondoloziweyo baka-Sirayeli; ndikuni-
kile nokuba ube sisikanyiso kubaheyideni,
ukuze ube lusindiso lwami kude kube se-
kupeleni kwomhlaba. 7 Utsho UYEHOVA,
umkululi ka-Sirayeli, oyingcwele wake,
kuye odelwayo ngabantu, kuye ozondwa-
yo sisizwe, kuso isicaka sabapati, ukuti:
Okumkani baya kubona, basuke beme;
nenkosana, zibedeshe; ngenxa yake UYE-
HOVA, onyanisekileyo, oyingcwele ka-Sira-
yeli, okuqashileyo. 8 Utsho UYEHOVA
ukuti: Ngexesha elikolekileyo ndikupe-
ndule, nangomhla wosindiso ndikuncedile;
ndandiya kukulondoloza, ndikunike ube
lucebano lwabantu, ukumisa umhlaba,
ukwenza amafa acitakeleyo adhliwe,
9 ukuti kubabanjwa: Pumani! kubo aba-
sebumnyameni: Bonakalani! Baya kudhla
ezindhleleni, napezu kwazo zonke induli
kwobako amadhlelo abo. 10 Abayi ku-
lamba, abayi kunxanwa kanjalo; aluyi
kubabeta ulwopu nelanga; ngokuba lowo
onezibele ngakubo oya kubakokela, abaka-
pele ngasemitonjeni yamanzi. 11 Nda-
ndiya kuzenza zonke intaba zami zibe
yindhlela, nemendo yami iya kupakanyi-
swa. 12 Bona ke, aba bovela kwa kude;
kanjako, bona ke, aba *bovela* enode, na-
sentshonalanga, naba elizweni le-Sinime.
13 Culani, mazulu! ugcobe, mhlaba! gqa-
bukelani ekuculeni, zintaba! ngokuba u-
YEHOVA etutuzela abantu bake, enezibele
pezu kwababandezelwa bake.

14 Kodwa i-Ziyone iti: UYEHOVA undi-
shiyile; INKOSI yami indilibele. 15 Umfazi
angamlibala na umntwana wake owanya-
yo, ukuba angabi nabubele ngakuye unya-
na wesizalo sake? Ewe, aba bangalibala,
kanti mina andisayi kukulibala. 16 Bona
ke, ndikuvambile pezu kwentende zeza-
ndhla *zami;* indonga zako zipambi kwami
futi. 17 Onyana bako baya kunxama;
abo bakucitayo, nabo bakutshabalalisayo,
baya kumka kuwe. 18 Pakamisa amehlo
ako ngento engqongayo, ukangele: bona
bonke bayazihlanganisa, beze kuwe. Ndi-
hleli nje, utsho UYEHOVA, bona bonke uya
kubambata njengezihombo, ubanxibe *kuwe*
njengokuba *esenje njalo* umtshakazi. 19
Ngokuba indawo zako ezicitakeleyo, nenda-
wo zako ezitshabaleleyo, nelizwe lako eli-
citiweyo, okunene ngoku liya kuba lixine-
ne kwabemi; nabo ababekuginya boba
kude. 20 Onyana ububahlutiwe bobuya



University of Fort Hare

bati ezindhlebeni zako: Indawo ixinene
kumi; ndikwelele ukuba ndihlale. 21
Wauya kuti enkliziyweni yako: Ngubanina ondizalele aba? ngokuba bendingohlutiweyo abantwana noligantuntu; bendingumtinjwa nogxotiweyo: ngubanina
ke obakulisileyo aba? bona ke, bendishiyiwe ndedwa; aba, bebepina bona? 22
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke,
ndiya kufunqulela kubaheyideni isandhla
sami, nebanile yami ndoyipakamisela ezizweni; babeya kuzisa onyana bako ezingalweni, nentombi zako ziya kutyatwa emagxalabeni. 23 Okumkani boba ngabondhli
bako, nenkosikazi zabo *zoba* ngabanyisikazi
bako; benobuso ngasemhlabeni baya kutoba pantsi kuwe, notuli lwennyawo zako
bolukota; wauya kwazi ukuba ndiNGUYEHOVA; ngokuba bengayi kudana abo bandilindayo. 24 Amaxoba aya kususwa na
kwigora? nabatinjwa bolungileyo baya
kuhlangulwa na? 25 Ngennyaniso utsho
UYEHOVA ukuti: Ewe, abatinjwa begora
baya kususwa, namaxoba esidhlwengu
aya kuhlangulwa: ngokuba lowo opika
nawe ndiya kupika naye mina, nabantwana bako ndiya kubasindisa. 26 Ndandiya
kudhlisa ababandezeli bako eyabo innyama; baya kunxila nangelabo igazi, njengeveyine entsha; lwaluya kukwazi uluntu lwonke, ukuba mina 'YEHOVA ndingumsindisi wako, nomkululi wako, usomandhla ka-Yakobi.

50 Utsho UYEHOVA ukuti: Ipina incwadi yokulahlwa kwonyoko wenu,
endandimndulula ngayo? umhlaumbi, nguwupina kwabo ndinetyala kubo endinitengisile kuye? Bona ke, ngennxa yezikohlakalo zenu nitengisiwe, nangennxa yezigqito zenu unyoko wenu undululwe. 2 Kunganina ukuba ekuzeni
kwami bekungeko umntu, *na*sekubizeni
kwami bekungeko osabelayo? Isandhla
sami sike safinyezeka na, ukuba singabi
nakukulula? umhlaumbi, akuko kumi na
amandhla okuhlangula? Bona ke, ngokutetisa kwami ndiyomisa ulwandhle, ndiyenza imilambo ibe yinklango; inklanzi
zayo ziyanuka, ngokuba kungeko amanzi,
ziyabuba ngenxanwa. 3 Ndiyambatisa
amazulu ubumnyama, nenklakanklaka
ndiyayenza ibe sisigubungelo sawo.
4 INKOSI ENGUYEHOVA indinikile ulwimi
lwabafundisiweyo, ukuze ndikwazi ukusiza odiniweyo ngelizwi; uyavusa ngemiso ngemiso, uyavusa indhlebe yami,
ukuba ndive njengabafundisiweyo. 5 INKOSI ENGUYEHOVA ivulile indhlebe yami,
andala mina, andihlehlanga ngomva. 6
Ndanika umhlana wami kubabeti, nezidhlele zami kubo abandincotula innwele;
ubuso bami andibufihlanga kuwo amahlazo namate. 7 Kodwa INKOSI ENGUYEHOVA iya kundinceda: ngako oko andiyi
kumatiswa; ngako oko ndimisile ubuso
bami njengelitye elilukuni; ndisazi nje
ukuba andiyi kudaniswa. 8 Ukufupi ondigwebelayo: ngubanina oya kupika
nami? masime ndawonye: ngubanina ongummangeleli wami? makasondele kumi.
9 Bona ke, INKOSI ENGUYEHOVA iya kundinceda; ngubanina lowo oya kundigweba?
Bona ke, bona bonke baya kuguga njengengubo; inundu liya kubadhla.
10 Ngubanina pakati kwenu omoyikayo
UYEHOVA, olivayo ilizwi lesicaka sake, ohambayo ebumnyameni, okungeko ukukanya
kuye? makatembe egameni LIKAYEHOVA,
ayame kuye UTIXO wake. 11 Bonani ke,
nina nonke enipemba umlilo, eniziraulayo
ngezibane! hambani ekukanyeni kwomlilo
wenu, napakati kwezibane enizivutisileyo.
Oku niya kuba nako kuvela esandhleni
sami; niya kulala pantsi elusizini.

51 PULAPULANI kumi, nina baputumayo ubulungisa, nina bafunayo UYEHOVA! kangelani elulwalweni *apo* nibazelwe *kona*, nasesigingqini somnxuma *apo*
nimbelwe *kona*. 2 Kangelani ku-Abrahame uyihlo wenu, naku-Sara onizeleyo:
ngokuba bendimbiza engoyedwa, ndaza
ndamtamsanqela, ndamandisa. 3 Ngokuba UYEHOVA eya kuba nenneeba pezu
kwe-Ziyone; woba nenneeba pezu kwazo
zonke indawo zayo ezicitakeleyo; waeya
kwenza inklango yayo njengayo i-Hedeni,
nobala lwayo njengomyezo KAYEHOVA;
umgcobo novuyo luya kufunyanwa kuyo,
umbulelo nelizwi lokucula.
4 Bekelani kumi, bantu bami! ndinikeleni indhlebe, sizwe sami! ngokuba
umteto uya kupuma kumi, nommiselo
wami ndowumisa ube sisikanyiso ebantwini. 5 Ubulungisa bami bukufupi;
usindiso lwami lupumile; ingalo zami
ziya kugweba abantu; iziqiti zokangela
kumi, zitembe engalweni yami. 6 Pakamisani amehlo enu ngasezulwini, nibeke nasemhlabeni ngapantsi; ngokuba



University of Fort Hare
Together in Excellence

izulu liya kuti shwaka njengomsi, nom-
hlaba uya kuguga njengengubo, nabemi
bawo baya kufa njengokunjalo: kodwa
usindiso lwami lwobako kude kube ngu-
napakade, nobulungisa bami abusayi ku-
tshatyalaliswa.
7 Pulapulani kumi, nina nibaziyo ubu-
lungisa, abantu umteto wami usezinklizi-
yweni zabo! ningoyiki ukugxeka kwaba-
ntu, kanjalo ningetuswa zizituko zabo. 8
Ngokuba inundu liya kubadhla njengen-
gubo, nempetu iya kubadhla njengo-
boya: kodwa ubulungisa bami bobako
kude kube ngunapakade, nosindiso lwami
kwizizukulwana ngezizukulwana.
9 Vuka, vuka, yambata amandhla, ngalo
KAYEHOVA! vuka, njengasemihleni yama-
tanci, *njenga*sezizukulwaneni zakudala.
Akukwa yiyo na eyisikileyo i-Rahabi,
eyenzela ingwenya inxeba? 10 Akukwa
yiyo na eyomisayo ulwandhle, amanzi ayo
inzulu enkulu; eyenzayo amazantsi olwa-
ndhle abe yindhlela yokuwela kwabakulu-
lweyo? 11 Kwa njalo abahlaulelweyo
BAKAYEHOVA baya kubuya, beze e-Ziyone
ngokucula; uvuyo olungunapakade lwoba
pezu kwenkloko zabo: baya kuzuza um-
gcobo novuyo; kwobaleka usizi noku-
gula. 12 Mina, mina ndinguye onitutu-
zelayo: ungubanina wena, ukuba umoyike
umntu, oya kufa, nonyana womntu, oya
kwenzelwa *njeng*ennca; 13 ukuba ulibale
UYEHOVA umenzi wako, owawolulayo ama-
zulu, wabeka ukuseka kwomhlaba; ukuba
ube nokunkwantya futi imihla yonke,
ngennxa yoburalarume bomncinezeli, nje-
ngokungati usel' elungile ukutshabalalisa?
Bupina pofu uburalarume bomncinezeli?
14 Kamsinyane umbanjwa otobayo uya
kuvulelwa; akayi kufa esihogweni; a-
kayi kuswela isonka sake kanjako. 15
Ngokuba mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wako,
ozolisayo ulwandhle, nxa amaza alo agqu-
mayo: NGUYEHOVA wemikosi igama lake.
16 Ndandibekile amazwi ami emlonyeni
wako, nangesitunzi sesandhla sami ndiku-
gubungele; ukumisa amazulu, nokubeka
ukuseka kwomhlaba, nokuti kwi-Ziyone:
Ungabantu bami.
17 Zivuse, zivuse, pakama, Yerusaleme!
wena uselileyo esandhleni SIKAYEHOVA
kwindebe yoburalarume bake; inklenga
zendebe yesizunguzane uziselile, uzifu-
nxile. 18 Ayinamnye oyikapayo kubo
bonke onyana ibazeleyo; akuko namnye
oyibamba ngesandhla kubo bonke onyana
ibakulisileyo. 19 Ez*izinto* zombini ziku-
hlele: ngubanina eya kukukûza? ucitakalo
notshabalalo, indhlala nesirele: ndiya ku-
kututuzela *ngo*banina? 20 Onyana bako
bawile; balele enncameni yezitarate zo-
nke, njengembabala elutanjeni; bazele
buburalarume BUKAYEHOVA, kukutetisa
KWOTIXO wako. 21 Ngoko, yiva ke oku,
wena ubandezelweyo! wena unxilileyo,
koko kungengayo iveyine! 22 Itsho
INKOSI yako, UYEHOVA, UTIXO wako, umte-
teleli wabantu bake, ukuti: Bona ke, ndi-
yisusile esandhleni sako indebe yesizu-
nguzane, inklenga zendebe yoburalarume
bami; akusayi kupinda ukusela kuyo.
23 Kodwa ndoyibeka esandhleni sabanci-
nezeli bako, abate kuwe: Toba pantsi,
ukuba sidhlule pezu *kwako*; waza wawu-
beka umhlana wako ube njengomhlaba,
nanjengesitarate kwabadhlulayo.
52 Vuka, vuka, yambata amandhla ako,
Ziyone! yambata izivato zako ezihle,
Yerusaleme, sixeko esingcwele! ngokuba
kungasayi kubuya kungene kuwe ongalu-
kileyo noncolileyo. 2 Zivutulule elutu-
lini; suka, uhlale pantsi, Yerusaleme!
zicumbulule ezinxityeni zentamo yako,
wena 'ntombi etinjiweyo yase-Ziyone! 3
Ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti: Nazite-
ngisa kungeko 'nto; kanjalo niya kukulu-
lwa kungeko 'mali. 4 Ngokuba isitsho
INKOSI eNGUYEHOVA ukuti: Abantu bami
behlela e-Jipete ekuqaleni, ukuya ku-
pambukela kona; wati um-Asiriya ekupe-
leni wababandezela. 5 Nakaloku, ndi-
nanto nina apa, utsho UYEHOVA, ukuba ku-
suswe abantu bami kungeko 'nto? abapati
babo bayakala, utsho UYEHOVA; kufuti imi-
hla yonke igama lami ligxekwa. 6 Ngako
oko abantu bami baya kulazi igama lami;
ngako oko *baya kwazi* ngomhla lowo, ukuba
ndinguye otetayo: nanku mina!
7 Hai ukuba nkle kwazo pezu kwentaba
innyawo zalowo ushumayelayo indaba
ezimnandi, ovakalisayo uxolo, oshumaye-
layo okulungileyo, ovakalisayo usindiso,
esiti kwi-Ziyone: UTIXO wako upete ubu-
kumkani! 8 Abalindi bako bopakamisa
ilizwi; ngelizwi *labo* baya kuvuma kunye;
ngokuba beya kubona iliso kwiliso, nxa U-
YEHOVA aya kubuyisa i-Ziyone. 9 Gqabu-
kani, nivume kunye, zindawo ezicitake-
leyo ze-Yerusaleme! ngokuba UYEHOVA
etutuzele abantu bake; ukulule i-Yerusa-



University of Fort Hare

leme. 10 UYEHOVA uhlubile ingalo yake
engcwele emehlweni azo zonke izizwe;
nazo zonke izipelo zomhlaba ziya kubona
usindiso LWOTIXO wetu.
11 Mukani, mukani, pumani kwa kona;
okuncolileyo ningakucukumisi; pumani
pakati kwayo; yibani 'mhlope, nina eni-
tweleyo impahla ZIKAYEHOVA! 12 Ngoku-
ba ningayi kupuma ngobunxamo, kanjalo
aniyi kuya ngentsabo; ngokuba UYEHOVA
eya kuhamba pambi kwenu, UTIXO ka-Sira-
yeli wonibuta ngasemva.

13 BONA ke, isicaka sami siya kulu-
ngiseka; siya kwenzwa sikulu, siya kupa-
kanyiswa, sobekwa pezulu kakulu. 14 Nje-
ngokuba bekutele nqa abaninzi, (kwaku-
njalo ukwonakala kwokubonakala kwaso
ngapezu kwokwomntu, nokwesimilo saso
ngapezu kwesonyana babantu,) 15 kwa
njalo siya kufefa izizwe ezininzi: ngennxa
yaso okumkani baya kuvingca imilomo
yabo; ngokuba oko bebengakubaliselwa-
nga bokubona; noko bebengakuvanga bo-
kuqonda.

53 Ngubanina okoliweyo yintshumayelo
yetu? nengalo KAYEHOVA iya ku-
tyilwa kubanina? 2 Ngokuba sibe si-
kula ebusweni babo njengesihlumelo, na-
njengengcambo ipuma emhlabeni owomi-
leyo: sasingenasimilo nasoya, ukuba sisi-
gqale; kwa nokubonakala, ukuba sisinqwe-
nele. 3 Sibe sidelwa salahlwa ngabantu,
indoda yentsizi, nowazana nobuhlungu,
kwada kwafihlwa ubuso kuso; sibe sidelwa,
sati tina asasibuka.
4 Noko ke, zinklungu zetu sazifunqu-
layo, nentsizi zetu sazitwala; kanti tina
sasibala ukuba sibetiwe, sibulewe NGUTIXO,
sibandezelwe *nguye*. 5 Kodwa sasihlatywa
ngennxa yezigqito zetu, sasityunyuzwa
ngennxa yezikohlakalo zetu: ukwohlwa-
yelwa uxolo lwetu bekupezu kwaso; na-
ngemivimbo yaso sinokupiliswa. 6 Tina
sonke, njengegusha, silahlekile; abanye
ngabanye sijikele kwezetu indhlela; ko-
dwa UYEHOVA uhlisile pezu kwaso uku-
kohlakala kwetu sonke.
7 Saxinwa, sabandezelwa, koko singavu-
langa umlomo waso; sarolwa njengemvana
isiya ekuxèlweni, nanjengokuba igusha
ebusweni babaguguli bayo isidenge,
kwa njalo asivulanga umlomo waso. 8
Kwa sentolongweni nasekugwebeni sasi-
suswa; nesizukulwana saso ngubanina
oya kusixela? ngokuba sibe sinqunyulwa
emhlabeni wabahleliyo; ngennxa yoku-
gqita kwabantu bami sasibetwa. 9 Kwa-
miselwa incwaba laso nabakohlakeleyo,
koko sabesinesityebi ekufeni kwaso;
ngokokuba besingenzanga ubudhlwengu,
nokuba bekungeko inkohliso emlonyeni
waso. 10 Kodwa UYEHOVA ebetanda uku-
sityumza; wasivisa ubuhlungu.
Nxa siya kuzenza idini letyala, siya
kubona inzalo, siya kwolula imihla, nenta-
ndo KAYEHOVA iya kulungiseka esandhleni
saso. 11 Emva kwosizi lwompefumlo
waso, so*yi*bona, sokoliswa: ngokwaziwa
kwaso, isicaka sami esilungileyo sogwe-
bela abaninzi; ngokuba izikohlakalo zabo
siya kuzitwala. 12 Ngoko, ndiya kusahlu-
lela *isahlulo* pakati kwabakulu; sasiya kwa-
hlulelana nabanamandhla amaxoba; ngen-
nxa yokuba satululela ekufeni umpefumlo
waso, sabalwa nabagqiti, nesono sabaninzi
sasitwala, nabagqiti sabatandazela.

54 CULA, ludhlolokazi, wena ungaza-
langa! gqabukela ekuculeni, udandu-
luke ngovuyo, wena obungenannimba!
ngokuba abantwana balowo obeyedwa be-
baninzi ngapezu kwabo abantwana bomfazi
otshatileyo, utsho UYEHOVA. 2 Yenza banzi
indawo yentente yako, nezikuselo zenklalo
zako mabazitwabulule; ungaxaki; yolula
intambo zako, nezibonda zako uziqinise. 3
Ngokuba uya kutyoboza ngasekunene na-
ngasekohlo; inzalo yako yolidhla ilifa laba-
heyideni, izenze izixeko ezitshabaleleyo
zimiwe. 4 Ungoyiki, ngokuba ungayi ku-
daniswa; ungamatiswa kanjako, ngokuba
ungayi kuviswa ihlazo: ngokuba udano
lwobutsha bako uya kululibala, nehlazo lo-
buhlolokazi bako akusayi kuba salikumbula.
5 Ngokuba umenzi wako eyindoda yako;
NGUYEHOVA wemikosi igama lake: nom-
kululi wako ungoyingcwele ka-Sirayeli;
uya kubizwa ngokuti NGUTIXO wawo
wonke umhlaba.
6 Ngokuba njengomfazi oshiyiweyo,
ommoya ubuhlungu, UYEHOVA ekubizile,
na*njengo*mfazi wobutsha, nxa ubulahliwe,
utsho UTIXO wako. 7 Ngexanyana elinci-
nane ndikushiyile; kodwa ngezibele ezi-
kulu ndokubuta. 8 Ngenkukulo yomsindo
ndabufihlela ixanyana ubuso bami kuwe;
kodwa ngobubele obungunapakade ndoba



University of Fort Hare
Together in Excellence

netaru ngakuwe, utsho umkululi wako,
UYEHOVA. 9 Ngokuba oku ku*njenga*manzi
ka-Nowa kumi: *nje*ngokuba bendifunga
ukuba amanzi ka-Nowa akayi kubuya
agqitele pezu kwomhlaba, kwa njalo ndi-
fungile ukuba andiyi kuba namsindo nga-
kuwe, nokuba andiyi kukutetisa. 10 Ngo-
kuba intaba ziya kumka, nenduli ziya
kushukunyiswa; kanti ububele bami abuyi
kumka kuwe, nocebano lwoxolo lwami
aluyi kushukunyiswa, utsho UYEHOVA oku-
patayo ngetaru.

11 Wena ubandezelwayo, oxaliswayo,
ongatuzelwayo! bona ke, ndiya kulalisa
amatye ako ngeqabo, ndikusekele ngesa-
fire. 12 Ndandiya kwenza ifenstile zako
ngerubi, namasango ako ngamatye abenge-
zelayo, nayo yonke imida yako ngamatye
anqabileyo. 13 Kanjalo bonke abantwana
bako bofundiswa NGUYEHOVA; lwoba lukulu
ke uxolo lwabantwana bako. 14 Uya ku-
miswa ebulungiseni; woba kude embande-
zelweni, ngokuba ungayi kwoyika; nase-
situsweni, ngokuba singayi kusondela
kuwe. 15 Ukuba baka babutelane, akuveli
kumi; osukuba ebutela ngakuwe wotelela
kuwe. 16 Bona ke, ndiyenzile inncibi
evutelayo amalahle emlilweni, eyikupayo
impahla yomsebenzi wayo; ndenzile
nomtshabalalisi ukucitakalisa. 17 Akuko
nanye impahla edaliwe ngakuwe eya ku-
tamsanqeleka; nazo zonke ilwimi ezivuka
ngakuwe ekugwebeni uya kuzigweba.
Oku kulilifa lezicaka ZIKAYEHOVA; nobu-
lungisa bazo buvela kumi, utsho UYE-
HOVA.

55 HOI! bonke abanxaniweyo, yizani
emanzini, nalowo ongenamali; yizani,
tengani nidhle; ewe, yizani, tengani ive-
yine namasi, kungeko imali, kungeko na-
xabiso. 2 Kunganina ukuba ninike imali
ngennxa yokungesisonka, nenzuzo yenu
ngennxa yokungahlutisiyo? Kutalani uku-
pulapula kumi, nize nidhle okumnandi,
nomxèlo wenu mauziyolise ngobunqata. 3
Tobani indhlebe yenu, nize kumi; yivani,
ukuba kupile umpefumlo wenu; ndandiya
kulwenza nani ucebano olungunapakade,
izibele eziqinisekileyo zika-Davide.

4 Bona ke, ndimnikile abe linqìna eba-
ntwini, inkosi nompati wabantu. 5 Bona
ke, isizwe ubungasazi uya kusibiza, nesi-
zwe esibe singazi wena sobalekela kuwe,
ngennxa yake UYEHOVA, UTIXO wako, na-
ngennxa yake oyingcwele ka-Sirayeli, oku-
hombileyo.

6 Funani UYEHOVA nxa angafunyanwayo;
bizani kuye nxa akoyo kufupi: 7 okohla-
keleyo makashiye indhlela yake, nongalu-
ngileyo inkumbulo zake; makabuyele KU-
YEHOVA, woba nezibele kuye; naKUTIXO
wetu, ngokuba eya kuxolela kakulu. 8
Ngokuba inkumbulo zenu azizizo inku-
mbulo zami; kanjako indhlela zenu azizizo
indhlela zami, utsho UYEHOVA. 9 Ngokuba,
*njengokuba* amazulu epezulu pezu kwomhla-
ba, kwa njalo indhlela zami zipezulu pezu
kwendhlela zenu, nenkumbulo zami pezu
kwenkumbulo zenu. 10 Ngokuba, njengo-
kuba isihla imvula nengqweqwe ezulwini,
ize ingabuyeli kona, koko iwunyela umhla-
ba, iwenze ukuba uvelise nokuba uhlumise,
ukuze unike imbewu kuye ohlwayelayo,
nesonka kuye odhlayo; 11 loba njalo ilizwi
lami, elipumayo emlonyeni wami; aliyi
kubuyela kumi lingenanto; kodwa liya
kufeza oko endikutandayo, laliya kutamsa-
nqeleka koko endituma ngako. 12 Ngo-
kuba niya kupuma ngovuyo, niya kupele-
kelelwa ngoxolo; intaba nenduli ziya ku-
gqabukela ekuculeni pambi kwenu, nayo
yonke imiti yasendhle iya kwenza inklo-
mbe. 13 Endaweni yomnga wopuma umti
weberoshe, nasendaweni yomtolo wopu-
ma umti wemutele: kwakuya kuba ligama
KUYEHOVA, *n*omqondiso ongunapakade onga-
sayi kunqanyulwa.

56 UTSHO UYEHOVA ukuti: Gcinani
ubugwebo, nikwenze okulungileyo;
ngokuba usindiso lwami lukufupi uku-
fika, nobulungisa bami ukutyilwa. 2
Unetamsanqa umntu owenza oku, nonyana
womntu obambelela kuko; ogcina isabata,
ukuba angayincolisi; ogcina isandhla
sake, ukuba angayenzi nannye into eko-
hlakeleyo.

3 Kanjako owasemzini, ozibandakanyele
KUYEHOVA, makangatsho esiti: UYEHOVA
ugqibele ukundahlula ebantwini bake:
nomtenwa makangati: Bona ke, ndingum-
ti owomileyo. 4 Ngokuba esitsho UYE-
HOVA kubatenwa abagcinayo isabata zami,
abanyulayo oko ndikoliswa kuko, be-
bambelela kulo ucebano lwami, ukuti: 5
Sendiya kubanika pakati kwendhlu yami,
napakati kwendonga zami, inkumbuzo ne-
gama elilungileyo pezu kwonyana nento-
mbi; igama elingunapakade ndolinika



University of Fort Hare

kubo elingayi kunqanyulwa. 6 Naba-
semzini, abazibandakanyela KUYEHOVA, u-
kuba bamkonze, nokuba batande igama
LIKAYEHOVA, babe zizicaka zake, bonke
abayigcinayo isabata, bengayincolisi, aba-
bambelela kulo ucebano lwami; 7 sendiya
kubazisa entabeni yami eyingcwele, ndi-
bavuyise endhlwini yami yokutandaza;
amadini okutshiswa abo nemibingo yabo
yoba ikolekile pezu kwesibingelo sami;
ngokuba indhlu yami iya kubizwa ngo-
kuti yindhlu yokutandaza kubo bonke
abantu. 8 Iti INKOSI ENGUYEHOVA, lowo
ubutayo abagxotiweyo bakwa-Sirayeli:
Abanye ndobabutela kuye, ngapandhlo
kwabo ababutiweyo bake.

9 *YIZANI* nonke nina 'maramncwa a-
sendhle! yizani ukudhla, nonke nina 'ma-
ramncwa asehlatini! 10 Abalindi bake
bazimfama; bonke ngabangenakwazi: bo-
nke bazizinja ezizidenge; bakohlwa kuku-
konkota; bengabapupi, belala pantsi, be-
tanda ukwozela. 11 Ewe, bazizinja eziba-
wayo, ezingakwazi ukuhlutiswa; nabo aba-
ngabalusi abakwazi ukuqonda: bonke baya-
jikela kweyabo indhlela, abanye ngabanye
ngennxa yokuzuza kwabo esipelweni sabo.
12 *Bati:* Yizani, ndiya kuzeka iveyine, size
sizinxilise ngoselo olunamandhla; ngokuba
immini yangomso iya kuba njengalé, *ewe,*
iya kugqitisela ngento enkulu.

57 Olungileyo uyabuba, kanti akuko
'mntu okubekelayo inkliziyo; aba-
ntu abanobubele bayasuswa nabo, kungeko
oqondayo ukuba olungileyo uyasuswa eli-
shweni. 2 Uyangena eluxolweni; baya-
pumla ezililini zabo; *bonke* abalungisa
ukuhamba kwabo.

3 Nina kodwa, sondelani apa, bonyana
besanusekazi! nina 'nzalo yomrexezi nen-
gnawokazi! 4 Kungakubanina nizifeke-
tisa? kungakubanina niwakamisa umlomo,
nilwolulise ulwimi? asi nini na abangaba-
ntwana besigqito, inzalo yobuxoki, 5 ni-
tshiswa yinkanuko ngezitixo pantsi kwayo
yonke imiti eluhlaza, nibulala abantwana
ezintilini, ngapantsi kwamaroba amawa?
6 Pakati kwawo *amatye* agudileyo asen-
tilini kuko isahlulelwa sako; ngawo
wona aliqashiswa lako; uwutululele kwa
kuwo umnikelo wokusela, wawenza um-
nikelo wokudhla. Sendiya kututuze-
leka pezu kwezizinto na? 7 Pezu kwen-
taba ende epakamileyo uwubekile uma-
ndhlalo wako; ewe, unyukele kona ukuya
kubinga umbingo. 8 Kanjalo ngasemva
kwalo ucango, nomgubasi, uyibekile inku-
mbuzo yako; ngokuba uzityilele onge-
ndimi; unyukile; uwenze banzi uma-
ndhlalo wako; uzenzele ucebano nabo;
utandile umandhlalo wabo; wafuna inda-
wo. 9 Wahambela kukumkani neoli, wa-
zandisa izinukamnandi zako; watuma izi-
gidimi zako ziye kude, watobela pantsi kude
kube sehadesi. 10 Ubudiniwe ngokuba
kude kwendhlela yako; *noko,* akutshongo
ukuti: Akuko itemba; ubomi besandhla
sako ubufumene; ngako oko akuncama-
nga. 11 Ngubanina umxaleleyo wamo-
yika, ukuba uxokisile, ungakumbulanga
mina, unga*ndi*bekelanga nenkliziyo yako?
bendingati cwaka kwa kade na, ungando-
yikanga noko? 12 Ndiya kuxela ubulu-
ngisa bako, nezenzo zako: ngokuba zingayi
kukunceda 'nto. 13 Xeshekweni ukalayo,
mazikukulule imbuto zako! kodwa zona
zonke ummoya wozimkisa; impepeto iya
kuzisusa.

Kodwa lowo utembela kumi wolifuya ili-
zwe, adhle ilifa lentaba yami eyingcwele.
14 Kwakuya kutiwa: Poselani, poselani;
lungisani indhlela; dedisani isikùbekiso
endhleleni yabantu bami. 15 Ngokuba
esitsho yena opezulu opakamileyo, ohleli
kunapakade, ogama liyingcwele, ukuti:
Ndihleli kwepezulu neyingcwele *indawo,*
kwa nalowo ommoya ugqobokileyo notobe-
kileyo; ukuba kupiliswe ummoya wabato-
bekileyo, nokuba kupiliswe inkliziyo ya-
bagqobokileyo. 16 Ngokuba ndingayi
kuba ngunapakade ndipika; kanjalo andiyi
kuba ngamaxesha onke ndiqumbile: ngo-
kuba ummoya ubuya kucubuka pambi
kwami, nemipefumlo endiyenzileyo. 17
Ngennxa yenkohlakalo yenzuzo yake e-
ngalungileyo bendiqumbile, ndambeta;
ndazimela, ndaqumba ke; waza wamana
ejikajika endhleleni yenkliziyo yake. 18
Ndizibonile indhlela zake, ndandiya kum-
pilisa; ndiya kumkokela kanjalo, ndibu-
yekeze izonwabiso kuye, nakubalili bake;
19 ndisenza isixakato somlomo: uxolo,
uxolo kulowo ukude nakulowo ukufupi,
utsho UYEHOVA; ndandiya kumpilisa.

20 Kodwa abakohlakeleyo banjengolwa-
ndhle olulwayo, nxa lukohliwe kukuzola,
olumanzi akupa inkunkuma nodaka. 21
Akuko uxolo, utsho UTIXO wami, kwaba-
kohlakeleyo.



University of Fort Hare

58 DANDULUKA kakulu, ungayeki; pakamisa ilizwi lako njengexilongo,
uxele ebantwini bami isigqito sabo, na-
kwindhlu ka-Yakobi isono sabo. 2 Noko,
imihla ngemihla bayandifuna, nendhlela
zami bayatanda ukuzazi; njengesizwe e-
senzayo ubulungisa, nommiselo WOTIXO
waso asiwushiyi; bayabiza kumi imi-
miselo elungileyo; bayatanda ukusondela
KUTIXO. 3 *Bati:* Kunganina ukuba sizilile,
kanti akuboni; *nokuba* sibandezele umpe-
fumlo wetu, kanti akwazi? Bona ke,
ngemmini yokuzila kwenu niyafuna imi-
hlali, nayo yonke imisebenzi yenu niyayi-
banga. 4 Bona ke, nizilela ukupika
nokungxolisana, nokudubula ngesandhla
esifunjatiweyo senncwangu: ngeningazili
njengokwanamhla, ukuvakalisa ngokupe-
zulu ilizwi lenu. 5 Yinzilo enje na endi-
yinyulileyo? umhla wokuba umntu aba-
ndezele umpefumlo wake na? ukuba ato-
kombise inkloko yake njengomkanzi na,
azandhlalele inklakanklaka notutu na? Le
woyibiza na ngokuti yinzilo, nemmini
ekolekileyo KUYEHOVA? 6 Asi yile na
inzilo ndiyinyulileyo? ukucumbulula izi-
bambo zenncwangu, ukutukulula intambo
zeyokwe, nokundulula abancinezelweyo be-
kululekile, nokuba nizapule iyokwe zonke.
7 Asi kuko na ukuqezulela olambileyo
isonka sako, nokuba ungenise endhlwini
amahlwempu atshutshisiweyo; uxa ubona
ohamba zé, ukuba umambese, nokuba
ungazifihli kweyako innyama?
8 Oko kuya kugqabuka ukukanya kwako
njengokusa, nokupila kwako kuya kuhluma
kamsinyane; kanjalo ubulungisa bako bo-
hamba pambi kwako; ubungcwalisa BU-
KAYEHOVA bokubuta ngasemva. 9 Oko uya
kubiza, asabele UYEHOVA; uya kukala,
ati yena: Nanku mina! Ukuba uyasusa pa-
kati kwako iyokwe, ukwalata ngomnwe,
nokuteta okukohlakeleyo; 10 ukuba
uyamkupela olambileyo umxèlo wako,
nomxèlo wobandezelweyo uyawuhlutisa;
kuya kwandula kupume ukukanya kwako
ebumnyameni, nesitokotoko sako sibe nje-
ngemmini enkulu. 11 Waye UYEHOVA eya
kumana ekukokela futi, awuhlutise umxèlo
wako ekwomeni okukulu; namatambo ako
uya kuwomeleza; wauya kuba njengom-
yezo ocenceshiweyo, nanjengetende eli-
manzi angatshitshiyo. 12 Kanjalo abo
bavela kuwe *bobuya* bake indawo ezicita-
keleyo zakudala; imisekelo yezizuku-
lwana ngezizukulwana uya kuyimisa;
wauya kubizwa ngokuti: Umakeli wota-
nda, umhlaziyi wendhlela ukuba kuhlalwe.
13 Ukuba uyanqanda unyawo lwako
kuyo isabata, ungenzi eyako intando nga-
wo umhla wami oyingcwele; ukuba uya-
biza isabata ngokuti sisiyolo, *umhla* oyin-
gcwele KAYEHOVA ngokuti ubekekile; uze
uwubeke, ungenzi ezako indhlela, unga-
funi eyako intando, ungateti *awako* ama-
zwi: 14 uya kwandula ukuziyolisa KU-
YEHOVA; ndandiya kukukwelisa pezu
kwendawo ezipakamileyo zomhlaba, ndi-
kudhlise ilifa lika-Yakobi uyihlo wako:
ngokuba umlomo KAYEHOVA utshilo.

59 BONA ke, isandhla SIKAYEHOVA asifi-
nyezekile, ukuba asingesindise; nen-
dhlebe yake ayinzima, ukuba ayingeve.
2 Koko izikohlakalo zenu zenze isahlulo
pakati kwenu NOTIXO wenu; nezono zenu
zisitelisile ubuso *bake* kuni, ukuba angeva.
3 Ngokuba izandhla zenu zidyojiwe
ngegazi, neminwe yenu ngenkohlakalo;
umlomo wenu utetile ubuxoki, ulwimi
lwenu ludumzele ubunenemene. 4 Akuko
omemela ubulungisa, akuko opikela innya-
niso; bayatembela kokungento, batete
okungendawo; bayakaula ububi, bazale
inkohlakalo. 5 Bayawaqandulela ama-
qanda ebasiliske, bayiluke imisonto yesi-
gcawo; odhlayo kuwo amaqanda abo uya
kufa, nelo lincinezelweyo innyushu yo-
puma kulo. 6 Imisonto yabo ayiyi kuba
yingubo, kanjalo abayi kuzigubungela
ngemisebenzi yabo; imisebenzi yabo yi-
misebenzi yenkohlakalo, nesenzo sobu-
dhlwengu sisezandhleni zabo. 7 In-
nyawo zabo ziyabalekela ububi, baya-
nxama ukupalaza igazi elingenatyala;
amaqinga abo ngamaqinga enkohlakalo;
ucitakalo notshabalalo lusemendweni yabo.
8 Indhlela yoxolo abayazi; akuko ubu-
gwebo nasemizileni yabo; bazenzele
indhlela ezigoso; bonke abahamba ngazo
abalwazi uxolo.
9 Ngako oko ubugwebo bukude kuti,
nobulungisa abusifumani; siyalinda uku-
kanya, kodwa nabu ubumnyama, *siyalinda*
ukukazimla, *koko* sihamba esitokotokweni.
10 Njengabazimfama siyaputaputela udo-
nga; njengabo abangenamehlo siyaputa-
puta: siyakùbeka emmini enkulu, njenga-
selungcwalazini; sisezindaweni ezimnyama
njengabafileyo. 11 Siyavungama njenge-



University of Fort Hare

bere tina sonke, nanjengamahobe siyamana
sinewina; siyalinda ubugwebo, kodwa
abuko; *siyalinda* usindiso, *koko* lukude
kuti.
12 Ngokuba izigqito zetu zininzi pambi
kwako, nezono zetu zinq̀ina ngakuti; ngo-
kuba izigqito zetu zinati, nezikohlakalo
zetu siyazazi: 13 ngokugqita nangokuxoka
ngakuye UYEHOVA, nangokuhlehla KUTIXO
wetu; ngokuteta imbandezelo nempambu-
ko: ngokucamngca nangokudumzela enkli-
ziyweni amazwi obuxoki. 14 Kanjalo
ubugwebo buhlehlisiwe ngomva, nobulu-
ngisa buyagwegweda kude; ngokuba in-
nyaniso ikùbekile enkundhleni, nokulunga
kukohliwe kukungena. 15 Ewe, innyaniso
ayibonakali, nalowo upambukayo kokubi,
uyazenza into yokupangwa.
Wati UYEHOVA wabona, kwaza kwakubi
emehlweni ake, ngokuba kungeko 'bugwe-
bo. 16 Wayebona ukuba akuko 'mntu,
wati nqa ukuba akuko 'mteteleli; ngako
eyake ingalo wamenzela usindiso, nobulu-
ngisa bake bona bamsekela. 17 Wavata
ubulungisa njengehempe yentsimbi, nom-
nqwazi wosindiso *wawufaka* enklokweni
yake; wavata ingubo zempindezelo zibe
sisivato, wambata ubukwele njengesigubu-
ngelo. 18 Njengokwezenzo *zabo*, kwoba
njalo ukubuyekeza kwake: uburalarume
kubalane bake, impindezelo ezintshabeni
zake: kuzo iziqiti wobuyekeza impindeze-
lo. 19 Baya kwandula boyike igama LIKA-
YEHOVA entshonalanga, nobungcwalisa bake
kwa sekupumeni kwelanga: nxa utshaba
luya kuza njengomlambo, umoya KAYEHOVA
wopakamisa ibanile ngakulo. 20 Waeya
kuza umkululi kwi-Ziyone, nakubo ababuya
esigqitweni kwa-Yakobi, utsho UYEHOVA.
21 Ngokuba mina, olu lucebano lwami
nabo, utsho UYEHOVA: umoya wami opezu
kwako, namazwi ami endiwabekileyo emlo-
nyeni wako, akayi kumka emlonyeni wako,
nasemlonyeni wenzalo yako, nasemlonyeni
wenzalo yenzalo yako, utsho UYEHOVA, kwa
kaloku nje, nakude kube ngunapakade.

60 PAKAMA, kanya, ngokuba ukukanya
kwako kufikile, nobungcwalisa BUKA-
YEHOVA bupumile pezu kwako. 2 Ngokuba,
bona ke, ubumnyama bogubungela umhlaba,
nesitokotoko abantu; kodwa pezu kwako
UYEHOVA uya kupuma, nobungcwalisa bake
bobonakala pezu kwako.
3 Babeya kuza abaheyideni ekukanyeni
kwako, nokumkani ekukazimleni kwoku-
puma kwako. 4 Pakamisa amehlo ako
ngento engqongayo, ukangele; bona bonke
bayazihlanganisa, bayeza kuwe: onyana
bako bovela kwa kude, nentombi zako ziya
kubelekwa ecaleni. 5 Oko uya kukangela,
ukanyiswe ke; inkliziyo yako iya kunto-
ntoza, yande; ngokuba ubuninzi bolwa-
ndhle buya kuguqulelwa kuwe, ubutyebi
babaheyideni bofika kuwe.
6 Ingxokolo yenkamela yokugubungela,
inkamela ezintsha zase-Midiyane ne-Hefa;
ezase-Sheba ziya kuza zonke; igolide
nenklakamhlope zozitwala, nendunyiswa
ZIKAYEHOVA ziya kuzishumayela. 7 Zonke
igusha zakwa-Kedare zohlanganiselwa ku-
we; inkunzi zegusha zakwa-Nebayoti zo-
kukonza; ziya kunyuka ngokubukwa pezu
kwesibingelo sami, nendhlu enkle yami
ndoyihomba.
8 Ngobanina aba, ababalekayo njenge-
lifu, nanjengamahobe ukuya ezindhlwini
zawo? 9 Ngennyaniso iziqiti ziya kuka-
ngela kumi, nennqanawa zase-Tareshishe
ukuqala; kuveliswe onyana bako kwa
kude, isilivere yabo negolide yabo inabo,
ukuza egameni LIKAYEHOVA, UTIXO wako,
nakoyingcwele ka-Sirayeli, okuhombileyo.
10 Kanjalo abasemzini baya kwaka in-
donga zako, nokumkani babo bokukonza;
ngokuba ngomsindo wami ndikubetile, ko-
dwa ngembuko yami ndoba nezibele kuwe.
11 Ngako amasango ako oba evulekile
futi; emmini nasebusuku akayi kuvalwa;
kuze kungeniswe kuwe ubutyebi babaheyi-
deni, nokumkani babo baqoqoziselwe *kuwe*.
12 Ngokuba esosizwe nobobukumkani ezi-
ngayi kukonza kuwe ziya kutshabalala;
ewe, ezozizwe zogqityelwa ukucitakali-
swa.
13 Ubungcwalisa be-Lebanone boza
kuwe, umti weberoshe, nowetidara, nowe-
tashure kwa kunye; kuze kuhonjwe inda-
wo eyingcwele yami; nendawo yennyawo
zami ndoyenza 'bungcwalisa. 14 Boti
nonyana bababandezeli bako beze kuwe
ngokuguqa; nabo bonke ababekudela bo-
ziqubuda ngasemizantsini zennyawo zako;
babeya kukubiza ngokuti, sisixeko SIKA-
YEHOVA, yi-Ziyone yoyingcwele ka-Sirayeli.
15 Ekubeni ubushiyiwe watiywa, kwa-
da akwabiko 'mntu obecanda *kuwe*, sendiya
kukwenza indhluliselo engunapakade, uvu-
yiso lwezizukulwana ngezizukulwana. 16
Wauya kwanya amasi abaheyideni; ewe,



University of Fort Hare

ibele labo okumkani uya kulanya; wauya
kwazi ukuba mina 'YEHOVA ndingumsindisi
wako, nomkululi wako, usomandhla ka-
Yakobi. 17 Endaweni yobedu, ndoyizisa
igolide; nasendaweni yesincete, ndoyizisa
isilivere; nasendaweni yemiti, ubedu:
nasendaweni yamatye, isincete; ndandiya
kubenza abongama bako babe noxolo, naba-
pati bako babe nobulungisa. 18 Ubu-
dhlwengu abuyi kubuya buviwe elizweni
lako, *kwa* nocitakalo notshabalalo pakati
kwemida yako; koko uya kubiza indonga
zako ngokuti lusindiso, namasango ako
ngokuti ludumiso. 19 Ilanga aliyi kubuya
libe sisikanyiso kuwe ngemmini; kanjalo
inyanga ayiyi kukukanyisa ngenkazimlo;
ngokuba UYEHOVA eya kuba sisikanyiso esi-
ngunapakade kuwe, NOTIXO wako *woba* bu-
buhle bako. 20 Ilanga lako aliyi kubuya
litshone, nennyanga yako ayiyi kuselwa;
ngokuba UYEHOVA eya kuba sisikanyiso
esingunapakade kuwe, iti imihla yokulila
kwako ibe nokupela. 21 Nabantu bako,
bona bonke boba ngabalungileyo; bolidhla
ilifa lelizwe ngonapakade; isebe lokutyala
kwami, umsebenzi wezandhla zami, ukuba
ndenzelwe ubungcwalisa. 22 Omncinane
woba liwaka, nomkudhlwana woba sisizwe
esinamandhla. Mina 'YEHOVA ndokukaule-
zisa *oku* exesheni lako.

61 UMOYA WENKOSI UYEHOVA upezu kwa-
mi; ngokokuba UYEHOVA enditambi-
sele ukushumayela indaba ezimnandi kwa-
batotyiweyo; unditumele ukubopa aba-
nkliziyo zigqobokileyo, ukuxela kwaba-
tinjiweyo inkululeko, nakwababanjiweyo
ukuvulwa kwentolongo; 2 ukuxela umnya-
ka okolekileyo KAYEHOVA, nomhla wempi-
ndezelo KATIXO wetu; ukututuzela bonke
abalilayo; 3 ukumisela abo balilayo e-Zi-
yone *umgcobo*; ukubanika ubuhle endaweni
yotutu, ioli yovuyo endaweni yolilo, isa-
mbato sodumo endaweni yommoya wokų-
ncama; ukuba babizwe ngokuba yimiti
yobulungisa, isityalo SIKAYEHOVA; ukuze
enzelwe ubungcwalisa.

4 Babeya kwaka indawo ezicitakeleyo
zakudala, babuye bamise indawo ezitsha-
baleleyo zapambili; bohlaziya izixeko ezi-
citiweyo, indawo ezitshabaleleyo zezizu-
kulwana ngezizukulwana. 5 Abasemzini
baya kuma bayaluse imihlambi yenu, nabo-
lunye uhlanga boba ngabalimi bomhlaba
wenu nabalimi bemiti yeveyine yenu. 6
Kodwa nina, niya kubizwa ngokuba nga-
baperisite BAKAYEHOVA; kwotiwa ningaba-
konzi BOTIXO wetu; ubutyebi babaheyideni
niya kubudhla, nasebungcwaliseni babo
niya kuqayisa.

7 Endaweni yokudana kwenu kwoba
*kukuduma* okupindiweyo; nas*endaweni* ye-
hlazo, baya kugcoba ngesabelwa sabo;
ngokuba elizweni labo beya kuzuza ilifa
elipindiweyo, uvuyo olungunapakade lwo-
bako kubo. 8 Ngokuba mina 'YEHOVA ndi-
butanda ubugwebo, ndiyitiya impango
yobumenemene; ndandiya kunika umvuzo
wabo ngennyaniso, nocebano olungunapa-
kade ndolwenza nabo. 9 Yaiya kwaziwa
inzalo yabo pakati kwabaheyideni, naba-
ntwana babo pakati kwezizwe: bonke aba-
babonayo bobavuma ukuba bayinzalo eta-
nyusanqelweyo NGUYEHOVA.

10 Ndiya kugcoba kakulu KUYEHOVA;
umpefumlo wami wovuyelela KUTIXO wa-
mi; ngokuba endambatisile ngezivato
zosindiso; ingubo yobulungisa undiname-
kisile ngayo; njengokuba umyeni ezivatisa
ngezivato ezihle, nanjengokuba umtsha-
kazi ezihomba ngezihombo zake. 11
Ngokuba, njengokuba umhlaba uvelisa
ukucuma kwawo, nanjengokuba umyezo
uhlumisa okuhlwayelweyo kuwo, kwa
njalo INKOSI ENGUYEHOVA iya kuhlumisa
ubulungisa nendumiso pambi kwezizwe
zonke.

62 Ngennxa ye-Ziyone andiyi kuti cwa-
ka, nangennxa ye-Yerusaleme andiyi
kuhlala nditi tu, kude kupume ubulungisa
bayo njengenkazimlo, nosindiswa lwayo
njengesibane esivutayo. 2 Abaheyideni
baya kubona ubulungisa bako, nokumkani
bonke ubungcwalisa bako; wauya kubi-
zwa ngegama elitsha, eliya kuxelwa ngum-
lomo KAYEHOVA. 3 Woba yikrone enkle
esandhleni SIKAYEHOVA, nonkontsho lwobu-
kumkani esandhleni SOTIXO wako. 4 Aku-
yi kubuya kutiwe ngawe, ungoshiyiweyo;
nelizwe lako akuyi kubuya kutiwe ngalo,
liyingcitakalo; koko uya kubizwa ngo-
kuti, intando yami ikuyo; nelizwe lako
ngokuti, ngumfazi otshatileyo: ngokuba
UYEHOVA eya kukutanda, nelizwe lako loba
litshatile. 5 Ngokuba, *njengokuba* indo-
dana itshata nentombi ipela, *kwa njalo*
onyana bako baya kutshata nawe; *nanje-
ngokuba* umyeni egcoba pezu kwomtsha-
kazi, *kwa njalo* UTIXO wako wogcoba pezu
kwako.



University of Fort Hare

6 Pezu kwendonga zako, Yerusaleme!
ndibamisile abalindi; immini yonke no-
busuku bonke abayi kuti cwaka napakade:
nina nikankanyayo UYEHOVA, ningati tu!
7 kanjalo ningavumi ati tu yena, kude
ayiqinise, nakude ayenze i-Yerusaleme ibe
yindunyiswa emhlabeni. 8 UYEHOVA ufu-
ngile isandhla sake sokunene, nengalo
yake enamandhla, *esiti:* Andisayi kupinda
ndinike innqolowa yako ibe kukutya ezin-
tshabeni zako, kanjalo abolunye uhlanga
abasayi kusela iveyine yako, leyo uyise-
benzeleyo. 9 Kodwa abo bayivunayo baya
kuyidhla, badumise UYEHOVA; nabo bayi-
butayo boyisela emakusini angcwele ami.
10 Dhlulani, dhlulani ngamasango; lu-
ngisani indhlela yabantu; poselani, pose-
lani indhlela epakamileyo; yidediseni ema-
tyeni; yipakamiseleni abantu ibanile. 11
Bona ke, UYEHOVA uvakalisile esipelweni
somhlaba *ukuti:* Yitini kwintombi yase-
Ziyone: Nanku umsindisi wako esiza;
bona ke, umvuzo wake unaye, nenzuzo
yake isebusweni bake. 12 Babeya kubi-
zwa bona ngokuti, ngabantu abangcwele,
ngabakululweyo BAKAYEHOVA: wauya ku-
bizwa wena ngokuti, ungofuniweyo, usi-
sixeko esingashiywanga.

63 NGUBANINA lo ozayo evela e-Edo-
me, enengubo ezimbejembeje evela
e-Botsera; lo, oyingcwalisa ekuvateni
kwake, ehamba kuhle ebukulwini bobo-
melelo bake?
Ndimi, otetayo ngobulungisa, onama-
ndhla ukusindisa.
2 Yinina ukuba ubomvu ekuvateni kwa-
ko, nengubo zako ukuba zinjengezalowo
uxovulayo efatyeni yeveyine?
3 Isincinezelo seveyine ndisixovulile
ndedwa, nakubo abantu bekungeko nam-
nye kunye nami; ndabaxovula ngengqu-
mbo yami, ndabanyatela ngoburalarume
bami; laza igazi labo lacapazelwa pezu
kwengubo zami, nazo zonke izivato zami
ndizidyobile. 4 Ngokuba umhla wempi-
ndezelo ubusenkliziyweni yami, nomnyaka
wabakululweyo bami ubufikile. 5 Ndaka-
ngela ke, koko bekungeko umncedi; ndati
nqa ukuba bekungeko umsekeli: yaza eyami
ingalo yandenzela usindiso, noburalarume
bami bona bandisekela. 6 Ndanyatela pantsi
abantu ekuqumbeni kwami, ndabanxilisa
ekuraleni kwami; ndati igazi labo ndali-
hlisela emhlabeni.

7 NDIYA kukankanya izibele ZIKAYE-
HOVA, indunyiswa ZIKAYEHOVA, njengokwa-
ko konke UYEHOVA usenzele kona, noku-
lunga okukulu ngakuyo indhlu ka-Sirayeli,
owabenzela kona njengokwenceba zake,
nanjengokwobuninzi bezibele zake. 8
Ngokuba ebesiti: Ngennyaniso bangaba-
ntu bami, usapo olungayi kuxoka; ngako
waba ngumsindisi wabo. 9 Kubo bonke
ubunzima babo wanobunzima yena, yaza
INGELOSI yobuso bake yabasindisa; ngota-
ndo lwake nangobubele bake wabakulula;
wabafunqula, wabatwala yonke imihla ya-
kudala. 10 Bala bona noko, bamqumbisa
umoya wake oyingcwele; ngako wagu-
qulwa waba lutshaba lwabo, walwa nga-
kubo. 11 Koko wakumbula imihla ya-
kudala, u-Mosesi, *n*abantu bake. Upina
lowo owabanyusayo elwandhle, kunye na-
balusi bomhlambi wake? Upina lowo
owabekayo umoya wake oyingcwele pakati
kwabo; 12 lowo owenzayo ingalo yake
ebungcwalisa iye ngasesandhleni sokunene
sika-Mosesi, ecanda amanzi pambi kwabo,
ukuba azenzele igama elingunapakade;
13 lowo owabakokela ezinzulwini? nje-
ngehashe enklango, abakùbeka. 14 Nje-
ngokuba inkomo ihlela emhlanjeni, umoya
KAYEHOVA wabanika ukupumla: kwa njalo
wabukapa abantu bako, ukuba uzenzele
igama elibungcwalisa.
15 Kangela pantsi kwa sezulwini, ubone
usekayeni lobungcwele bako nelenkazi-
mlo yako: bupina ubukwele bako nama-
ndhla ako, ukuxuxuzela kwombilini wako
nenceba zako ngakumi? zinyanzelekile
na? 16 Ngennyaniso wena ungubawo
wetu, nakuba u-Abrahame angenokusazi,
ati u-Sirayeli angasivumi: wena, YEHOVA!
ungubawo wetu, umkululi wetu; igama
lako lelingunapakade. 17 Kunganina, YE-
HOVA! ukuba usilahlekisile ezindhleleni
zako, *nokuba* uyenze lukuni inkliziyo yetu,
size singakwoyiki? Buya ngennxa yezi-
caka zako, izizwe zelifa lako. 18 Lixesha
elincinane ababelifuya abantu bako aba-
ngcwele; intshaba zetu zinyatele pantsi
eyingcwele *indawo* yako. 19 Sibe *sinje-
ngabo* ubungapati ubukosi pezu kwabo na-
pakade, abangabizwanga ngegama lako.

64 Akwaba ubuya kurazula amazulu,
uhle ke; ziti intaba zizamazame ebu-
sweni bako! 2 Njengokuba umlilo upe-
mba intsasa, *njengokuba* umlilo uweuza
amanzi ayaluzele; uti *kwa njalo* ulazise



University of Fort Hare
Together in Excellence

igama lako ezintshabeni zako, *ukuba* izizwe
zingcangcazele ebusweni bako. 3 Wati
wakuzenza izinto ezoyikekileyo, esingazi-
kangelanga, wehla wena; intaba zazama-
zama ebusweni bako. 4 Akuviwanga kwa
napakade, akuqiqwanga yindhlebe, aku-
bonwanga liliso UTIXO ngapandhle kwako,
*o*wenzelela yena omlindayo. 5 Uyakaule-
lana nalowo ugcobayo nowenza okulungi-
leyo, *abo* bakukumbulayo ezindhleleni za-
ko: bona ke, wena uqumbile, ngokuba
sonile; *kodwa* ngennxa yokuba zingunapa-
kade, ngako siya kusindiswa. 6 Koko
sinjengento encolileyo tina sonke, nako
konke ukulunga kwetu kunjengeqiya
eyintshontsho; siyabuna tina sonke nje-
ngegqabi, nezikohlakalo zetu, njengom-
moya, ziyasimkisa. 7 Kanjalo akuko
namnye obizayo egameni lako, ozivusayo
ukuba abambelele kuwe: ngokuba ubuso
bako ubufihlile kuti, wasinyibilikisa nge-
zono zetu.
8 Kodwa kaloku, YEHOVA! ungubawo
wetu; tina silulo udongwe, nawe unguye
umbumbi wetu; singumsebenzi wesandhla
sako tina sonke. 9 Ungaqumbi, YEHOVA!
kude kube kakulu; ungakumbuli kude
kube ngunapakade inkohlakalo: bona, zu-
kaugele ke, tina sonke singabantu bako.
10 Izixeko zako ezingcwele ziyinklango;
i-Ziyone iyinklango; i-Yerusaleme iyin-
gcitakalo. 11 Indhlu yetu eyingcwele
enkle, leyo obawo betu bakudumisa kuyo,
itshisiwe ngomlilo; nazo zonke izinto zetu
ezinqwenelekileyo zicitakalisiwe. 12 Uya
kuzinyanzela pezu kwezi*zinto* na, YEHOVA?
woba uti cwaka na, usibandezele kude
kube kakulu na?

65 NDIBUZELWE ngabo abanga*ndi*-
buzanga; ndifunyenwe ngabo abanga-
ndifunanga: ndite: Ndibone! ndibone!
kwisizwe esingabizwayo ngegama lami.
2 Ndizitwabulule izandhla zami immini
yonke ngasebantwini abanenkani, abaha-
mbayo endhleleni engalungileyo, ukula-
ndela awabo amaqinga; 3 abantu abandiqu-
mbisayo ngasebusweni bami futi; ababi-
ngayo emiyezweni, bequmisa pezu kwezi-
tene; 4 abahlala emancwabeni, balalise
ezindaweni ezifihlakeleyo; abadhlayo in-
nyama yehangu, nabazitya zinomhluzi
wezinto ezidhlubukileyo; 5 abati: Kwe-
lela wena, ungasondeli kumi; ngokuba ndi-
kugqitisile ngobungcwele. Aba bangumsi
empumlweni yami, umlilo otshayo immini
yonke. 6 Bona ke, kubàliwe ebusweni
bami: andiyi kuti cwaka, koko ndiya ku-
pindezela; ewe, ndiya kupindezelela esifu-
beni sabo, 7 izikohlakalo zenu nezikohla-
kalo zoyihlo benu kwa kunye, utsho UYE-
HOVA, abaqumisayo pezu kwentaba, bandi-
gxeka pezu kwenduli; ngako ndowuli-
nganisela umsebenzi wabo wapambili esi-
fubeni sabo.
8 Utsho UYEHOVA ukuti: Njengokuya
iveyine entsha ifunyanwa esipeni sedreyive,
kutiwa: Ungasitshabalalisi, ngokuba kuko
itamsanqa kuso; ndiya kwenje njalo ngen-
nxa yezicaka zami, ukuba ndingabatsha-
balalisi bonke. 9 Ndovelisa kwa-Yakobi
inzalo, nakwa-Juda indhlalifa zentaba za-
mi; abaqashwa bami bolidhla ilifa lalo,
nezicaka zami ziya kuhlala kona. 10 Yoti
i-Sharone ibe liriwa legusha, nomhlambo
we-Hakore ube yindawo yokubutuma
kwenkomo; ngennxa yabantu bami abandi-
funileyo.
11 Kodwa nina, enishiyayo UYEHOVA,
enilibala intaba yami eyingcwele; enilu-
ngisela u-Gadi isitebe, enizalisela u-Meni
umnikelo wokusela: 12 ndonimisela irele,
naniya kutoba pantsi nonke ekubulaweni;
ngokokuba ndibizile, kanti anisabelanga;
nditetile, kanti anipulapulanga; koko nibe
nikwenza okubi emehlweni ami, noko
bendingakutandi nakuqasha. 13 Ngako
oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona
ke, izicaka zami ziya kutya, kodwa nina
niya kulamba; bona ke, izicaka zami ziya
kusela, kodwa nina niya kunxanwa; bona
ke, izicaka zami ziya kuvuya, kodwa nina
niya kudana; 14 bona ke, izicaka zami
ziya kucula ngokucwayita kwenkliziyo,
kodwa nina niya kukala ngobuhlungu
benkliziyo; nangokwapuka kwommoya
niya kulila. 15 Naniya kushiya igama
lenu libe sisiqalekiso kubaqashwa bami;
ngokuba INKOSI ENGUYEHOVA yokufisa, ne-
zicaka zayo yozibiza ngegama limbi. 16
Lowo ozitamsanqelisayo emhlabeni, wozi-
tamsanqelisa ngaye UTIXO wennyaniso; na-
lowo ofungayo emhlabeni, wofunga UTIXO
wennyaniso; ngokuba zilityelwe imbande-
zelo zapambili, nangokuba zifihliwe eme-
hlweni ami.
17 Ngokuba, bona ke, ndidala amazulu
amatsha, nomhlaba omtsha; izinto zapa-
mbili aziyi kukunjulwa, aziyi kungena
nasenkliziyweni. 18 Kodwa gcobani, ni-



University of Fort Hare

vuyelele kude kube ngunapakade ngoko
ndikudalayo: ngokuba, bona ke, ndidala
i-Yerusaleme umvuyelelo, nabantu bayo
umgcobo. 19 Ndandiya kuvuyelela kuyo
i-Yerusaleme, ndigcobe kubo abantu bami;
akusayi kubuya kuviwe kuyo ilizwi loku-
lila, nelizwi lokukala. 20 Akusayi ku-
buya kubeko kona usana lwemihla *eminci-
nane*, nexego elingazalisanga imihla yalo;
ngokuba umfana eya kufa engominyaka
ilikulu, nomoni ominyaka ilikulu woqale-
kiswa. 21 Baya kwaka izindhlu, bahlale
*kuzo;* baya kutyala imiyezo, badhle iziqa-
mo zayo. 22 Abayi kwaka, kuhlalwe
ngomnye; abayi kutyala, kutyiwe ngom-
nye: ngokuba njengemihla yomti yoba
*njalo* imihla yabantu bami; nomsebenzi
wezandhla zabo bowudhla kade abaqashwa
bami. 23 Abayi kufumana bezama, ka-
njalo abayi kuzalela imbujiswa ebaqayo;
ngokuba beyinzalo yabatanyusanqelweyo
NGUYEHOVA, nabantwana babo kunye nabo.
24 Kwakuya kuti, bengekabizi, ndosabela
mina; nanxa basateta, ndiya kuva. 25
Inncuka nemvana ziya kudhlela ndawo-
nye, nengonyama iya kutya innca njengen-
kabi; kodwa innyoka, utuli lwoba kuku-
dhla kwayo; aziyi kwenzakalisa, aziyi
kutshabalalisa kanjalo, kuyo yonke intaba
yami eyingcwele, utsho UYEHOVA.

66 UTSHO UYEHOVA ukuti: Izulu liyi-
terone yami, nomhlaba usisitulo sen-
nyawo zami; ipina leyondhlu niya kunda-
kela yona; ipina ke indawo yokupumla
kwami? 2 Ngokuba zonke ezi*zinto* isa-
ndhla sami sizenzile; zaye seziko zonke ezi-
*zinto* utsho UYEHOVA: kodwa kulowo ndiya
kukangela, kulowo ululamileyo nommoya
ugqobokileyo, ongcangcazela ngelizwi
lami.
3 Oxèlayo inkabi, uyabulala umntu;
obingayo ixwana, uyapula inja intamo;
onikela ngomnikelo wokudhla, *uyanikela*
igazi lehangu; oqumisayo inklakamhlope
ngokukumbuza, uyatamsanqelisa isitixo.
Aba ke, banyulile ezabo indhlela, nezinto
zabo ezizondekileyo umpefumlo wabo uzi-
tanda. 4 Nami, ndiya kunyula amashwa
abo, nezoyikelo zabo ndozizisa pezu kwa-
bo; ngokokuba bendibiza, kanti beku-
ngeko osabelayo; benditeta, kanti bebe-
ngapulapuli; kodwa bakwenza okubi eme-
hlweni ami, noko bendingakutandi baku-
qasha.

5 Yivani ilizwi LIKAYEHOVA, nina ni-
ngcangcazela ngelizwi lake! Bate abaza-
lwana benu abanitiyayo, abanigxotayo
ngennxa yegama lami: Makazukiswe UYE-
HOVA! Koko eya kubonakalela uvuyo lwe-
nu, bati bona badane.
6 Ilizwi lempitimpiti livela esixe-
kweni! ilizwi livela etempileni! ilizwi
LIKAYEHOVA, ebuyekeza impindezelo ezin-
tshabeni zake! 7 Ingekabi nakututu-
mba, yazala; ingekafiki innimba pezu
kwayo, yavelisa umntwana wobudoda. 8
Ngubanina ovileyo into enjalo? ngubanina
obonileyo izinto ezinjengezi? Linokututu-
mba ilizwe ngammini 'nnye na? sizalwa
isizwe ngexesha linye na? Koko i-Ziyone
yabisekututumbeni, yazala onyana bayo
kanjako. 9 Ndiya kutyobozisa na, ndinga-
zalisi nokuzalisa? utsho UYEHOVA: ndiya
kuzalisa na, ndivingce noko? utsho UTIXO
wako. 10 Vuyani ne-Yerusaleme, nivu-
yelele ngayo, nonke nina niyitandayo!
gcobani nayo ngomgcobo, nonke nina aba-
yililelayo! 11 ukuze nanye, nihlute, nge-
bele lentutuzelo zayo; ukuze nifoce, nizi-
yolise ngobuninzi bobungcwalisa bayo.
12 Ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti:
Bona ke, ndiya kuyolulela uxolo njengom-
lambo, nobutyebi babaheyideni njengom-
singa okukulayo; niya kwandula nanye,
niya kutwalwa ecaleni, nigxunyiswe ema-
dolweni. 13 Njengomnye otutuzelwayo
ngunina, kwa njalo ndonitutuzela mina;
kwa se-Yerusaleme niya kututuzelwa. 14
Noti nakubona, inkliziyo yenu iya kugcoba,
namatambo enu ohluma njengotyani: isa-
ndhla SIKAYEHOVA siya kwazeka ezicakeni
zake, kodwa intshaba zake woziqumbela.
15 Ngokuba, bona ke, UYEHOVA eya kuza
ngomlilo, nennqwelo zake njengesaqwiti;
ukubuyisa ingqumbo yake ngoburalarume,
nentetiso yake ngamalangatye omlilo. 16
Ngokuba ngomlilo nangerele lake UYEHOVA
eya kupika noluntu lwonke; boba baninzi
ke ababuleweyo BAKAYEHOVA. 17 Abo
bazenza ngcwele, abazihlambululayo emi-
yezweni emva kwomnye, pakati *kwabo*
abadhlayo innyama yehangu, nento eyin-
tshontsho, nempuku; boti tshabalala kwa
kunye, utsho UYEHOVA. 18 Ngokuba ndi-
*sazi* imisebenzi yabo nenkumbulo zabo.
Kuza kubako, ukuba ndiya kuhlanganisa
zonke izizwe nenteto; zaziya kuza, zibone
ubungcwalisa bami. 19 Ndandiya kubeka
umqondiso pakati kwazo; nabasindileyo



University of Fort Hare
Together in Excellence

kuzo ndiya kubatuma baye kwizizwe; kwi-
Tareshishe, kwi-Pule, nama-Ludi, atyeda
isipeta, kwi-Tubali, ne-Javane, kwiziqiti
ezikude, ezingavanga ndumo lwami, ezi-
ngabonanga nobungcwalisa bami: babeya
kushumayela ubungcwalisa bami pakati
kwezizwe. 20 Babeya kuzisa bonke aba-
zalwana benu, bevela kuzo zonke izizwe,
*babe* ngumnikelo KUYEHOVA, pezu kwama-
hashe, nasezinnqwelweni, nasezintweni
zokutwalwa, napezu kwamaqwarara, na-
pezu kwezilo ezizimbaleki, entabeni yami
engcwele e-Yerusaleme, utsho UYEHOVA,
njengokuba usapo luka-Sirayeli luzisa um-
nikelo esityeni esimhlope endlilwini KA-
YEHOVA. 21 Kanjalo nakubo ndiya kuta-
bata ukuba babe ngabaperisite *naba*-Levi,
utsho UYEHOVA. 22 Ngokuba, njengokuba
amazulu amatsha nomhlaba omtsha, endiya
kuzidala, ziya kuma ebusweni bami, utsho
UYEHOVA, kwa njalo kuya kuma inzalo
yenu negama lenu. 23 Kwakuya kuti,
kwinnyanga ngennyanga, nakwisabata
ngesabata, lwoza uluntu lwonke ukubede-
sha pambi kwami, utsho UYEHOVA. 24 Ba-
beya kupuma, bakangele izidumbu zabantu
abagqitileyo ngakumi: ngokuba impetu
yabo ingayi kufa, nomlilo wabo ungayi
kucinywa; boba yinzondwa kulo lwonke
uluntu.

# INNCWADI YOMPROFITE
# KAJEREMIYA.

ISAHLUKO I.

AMAZWI ka-Jeremiya, unyana ka-
Hilikiya, owabaperisite abebese-
Hanatote elizweni lakwa-Benjamine; 2 o-
kuye ilizwi LIKAYEHOVA lezayo emihleni
ka-Josiya unyana ka-Amoni ukumkani
we-Juda, ngoweshumi linesitatu umnyaka
wobukumkani bake: 3 leza nasemihleni
ka-Yoyakime unyana ka-Josiya ukumkani
we-Juda, kwada kwasekupeleni kwomnya-
ka weshumi elinamnye ka-Zedekiya unyana
ka-Josiya ukumkani we-Juda, kwada kwa-
sekufudusweni kwe-Yerusaleme ngennya-
nga yesihlanu.
4 Kekaloku ilizwi LIKAYEHOVA leza
kumi, lisiti: 5 Ndingekakudali esiswini
bendikwazi; kwa ungekapumi esizalweni
ndakwahlula; ndakumisela ube ngumpro-
fite ezizweni. 6 Ndaza ndati: Au, NKOSI
'YEHOVA! bona ke, andikwazi ukuteta,
ngokuba ndingumntwana. 7 Kodwa UYEHO-
VA wati kumi: Ungatsho ukuti, ndingum-
ntwana; ngokuba uya kuya kubo bonke
endiya kukutuma kubo, nako konke endiya
kukuyalela koua wokuteta. 8 Ungoyiki
ubuso babo; ngokuba ndinawe mina ukuba
ndikukulule, utsho UYEHOVA. 9 Wandula
UYEHOVA wolula isandhla sake, wacukumisa
umlomo wami; wayesiti UYEHOVA kumi:
Bona ke, ndiwabekile amazwi ami em-
lonyeni wako. 10 Kangela, ndikumisile
namhla njo pezu kwezizwe, napezu kwezi-
kumkani, ukuncotula, nokucita, nokutsha-
balalisa, nokuwisa, ukwaka nokutyala.
11 Labuya leza kumi ilizwi LIKAYEHOVA,
lisiti: Ubona 'nto nina, Jeremiya? Ndati:
Ndibona uswazi lwomti wesamonde. 12
Waza UYEHOVA wati kumi: Ulungisile
ukubona: ngokuba ndiya kulinda pezu
kwelizwi lami ukulenza.
13 Labuya leza kumi ilizwi LIKAYEHOVA
ngokwesibini, lisiti: Ubona 'nto nina?
Ndati: Ndibona imbiza ebilayo; nobuso
bayo busenode. 14 Wayesiti UYEHOVA ku-
mi: Kwa senode ilishwa liya kuvunjulu-
lelwa ngakubo bonke abemi belizwe. 15
Ngokuba, bona ke, ndiya kubiza zonke
izizalwane zobukumkani basenode, utsho
UYEHOVA; zaziya kuza, zibeke ezinye nge-
zinye iterone zazo emnyango wamasango
e-Yerusaleme, nangakuzo zonke indonga
zayo ngento engqongayo, nangakuzo zonke
izixeko zakwa-Juda. 16 Ndandiya kuteta
imigwebo yami ngakubo, ngennxa yayo
yonke inkohlakalo yabo; ngokokuba be-
ndishiyile, nokuba bequmisele otixo bambi,
nokuba bezitobile kuyo imisebenzi yezabo
izandhla.



University of Fort Hare

17 Wena, ngoko, ubinqe isinqe sako,
usuke, utete kubo konke endiya kukuyalela
kona: ungetuswa ngobuso babo, hleze ndi-
kumatise pambi kwabo. 18 Ngokuba,
bona ke, ndikwenzile namhla isixeko esi-
nqatyisiweyo, nentsika yesincete, neudo-
nga zexina ngakulo lonke ilizwe; ngakubo
okumkani be-Juda, ngakuzo inkosana zayo,
ngakubo abaprofite bayo, nangakubo abantu
belizwe. 19 Bangalwa nawe, koko be-
ngayi kukweyisa; ngokuba ndinawe mina,
utsho UYEHOVA, ukuba ndikukulule.

2 LALEKELA ilizwi LIKAYEHOVA ukuza
kumi, lisiti: 2 Hamba, ushumayele
ezindhlebeni ze-Yerusaleme, usiti:
Utsho UYEHOVA ukuti: Ndiyakukumbu-
lela ububele bobutsha bako, utando lwo-
kwendiswa kwako, ukundilandela kwako
enklango, emhlabeni obungahlwayelwa. 3
U-Sirayeli ebeyingcwele KUYEHOVA, ulibo
lwemveliso yake: bonke abamdhlayo ba-
zuza ityala; ilishwa leza pezu kwabo,
utsho UYEHOVA.
4 Yivani ilizwi LIKAYEHOVA, ndhlu ka-
Yakobi! nani 'zizalwane zonke zendhlu
ka-Sirayeli! 5 Utsho UYEHOVA ukuti:
Bubumenemene bunina babufumanayo o-
yihlo benu kumi, ukuba bemka kude kumi,
balandela okungendawo, baba ngabange-
ndawo? 6 Abatanga: Upina UYEHOVA,
owasinyusayo elizweni le-Jipete, owasi-
kokelayo enklango, ezweni lobugxwayiba
nelezihogo, ezweni lokwoma neletunzi lo-
kufa, ezweni bekungacandwa 'mntu kulo,
nalapo abantu bebengahlali kona? 7 Ka-
njalo ndaningenisa elizweni elicumileyo,
ukuba nitye isiqamo salo nobumnandi balo;
kanti nakungena, nalincolisa ilizwe lami,
nelifa lami nalenza libe yintshontsho. 8
Abaperisite bebengati: Upina UYEHOVA?
nabo bapete umteto bebengandazi; abalusi
nabo bagqita ngakumi; nabaprofite bapro-
fitesha ngo-Bali, balandela *izinto* ezingena-
kunceda. 9 Ngako oko ndoba ndisapika
nani, utsho UYEHOVA; ewe, ndopika nabo
abantwana babantwana benu. 10 Ngokuba,
welelani eziqitini zama-Kiti, nibone; ni-
tume uase-Kedare, nigqale kunene, nibone
ukuba kuko into enje nje na. 11 Kesanana
isizwe otixo na, nangona bengenguye U-
TIXO? kanti abantu bami banene ubungcwa-
lisa babo ngento engenakunceda. 12 Yi-
bani nokuti nqa, nina 'mazulu! pezu
kwoku; ewe, yitini hlatyu, nimangaliswe
kakulu, utsho UYEHOVA. 13 Ngokuba izi-
kohlakalo zibini bezenzile abantu bami:
mina bandishiyile, umtombo wamanzi api-
lileyo, ukuba bazimbele amacibi, amacibi
aqekekileyo, angabambiyo amanzi.
14 U-Sirayeli usisicaka na? ungoze-
lweyo endhlwini na? yinina ke ukuba uba
yinto yokupangwa? 15 Ingonyamana zi-
yamkonyela, ziyakupa ilizwi lazo; ziya-
lenza ilizwe lake, intshabalalo; izixeko
zake zitshisiwe, kungeko ohlala kuzo. 16
Kanjako usapo lwase-Nofe nolwase-Taha-
panesi luyakudhlela ukakai. 17 Akuze-
nzelanga oku na, ekubeni umshiyile UYE-
HOVA, UTIXO wako, ngexesha wakukokelayo
endhleleni? 18 Nakaloku, iyinto nina
kuwe indhlela ye-Jipete, ukuba uwasele
amanzi ase-Shihore? iyinto nina kuwe
nendhlela ye-Asiriya, ukuba uwasele ama-
nzi omlambo? 19 Inkohlakalo yako yo-
kululeka, nezipambuko zako zokwohlwa-
ya: yazi ke, ubone, ukuba kuyinto eko-
hlakeleyo nerara ukumshiya kwako UYE-
HOVA, UTIXO wako, nokuba ukwoyikwa
kwami akuko kuwe, itsho INKOSI, UYEHOVA
wemikosi.
20 Ngennyaniso kudala ndayapula iyo-
kwe yako, ndaqaula izinxibo zako; waza
wati: Andiyi kukonza; ngokuba pezu
kwenduli zonke, nangapantsi kwemiti
yonke eluhlaza, ubudungadunga, usenza
umbulo. 21 Kanti mina bendikutyalile
umti weveyine odumileyo, imbewu elungi-
leyo ipela; ute nina ngoko ukundiguqule-
lwa ube ziziblumelo ezonakeleyo zomti
weveyine wasemzini? 22 Nakuba uzi-
hlambayo ngenetere, uzitabatele isepe en-
ninzi, inkohlakalo yako ibàliwe *noko* pambi
kwami, itsho INKOSI, UYEHOVA. 23 Ungati
nina ukuti: Andincolisekile, andibalande-
langa o-Bali? kangela indhlela yako esi-
hlanjeni, yazi ke into uyenzileyo: *u*yinka-
melakazi entsha enamendu ipalapala ezin-
dhleleni zayo; 24 *u*liqwarakazi eliqelo
inklango, *e*liti ngenkanuko yomxèlo walo
lisezele ummoya; ubushushu balo nguba-
nina ongabunqandayo? bonke abalifunayo
abayi kudinwa; ngennyanga yalo bolifu-
mana. 25 Bamba unyawo lwako lungabi
lungenazihlangu, nomqala wako ungabi
nanxanwa: kodwa uti: Akuko itemba;
hai, ngokuba ndibatandile abasemzini,
nasemva kwabo ndiya kuya. 26 Njengo-
kuba isela lidanile nxa lifunyanwayo, kwa
njalo badanile indhlu ka-Sirayeli; bona,



University of Fort Hare
Together in Excellence

okumkani babo, inkosana zabo, nabaperi-
site babo, nabaprofite babo; 27 abati kuwo
umti: Ungubawo wena; nakulo ilitye:
Wena undizele; ngokuba bendinikele
umhlana, bungebubuso; noko ngexesha
lelishwa labo baya kuti: Suka, usisindise!
28 Bapina kodwa otixo bako uzenzele
bona? mabasuke, ukuba bangakusindisa
ngexesha lelishwa lako; ngokuba *njenge*-
nani lezixeko zako benjalo otixo bako,
Juda! 29 Kunganina ukuba niya kupika
nami? nina nonke nigqitile ngakumi,
utsho UYEHOVA. 30 Ndifumane ndabeta
usapo lwenu; alulwamkelanga ululeko:
elenu irele libadhlile abaprofite benu, nje-
ngengonyama etshabalalisayo.
31 Sizukulwanandini! gqalani ilizwi
LIKAYEHOVA. Bendiyinklango ko-Sirayeli
na? umhlaumbi ilizwe lesitokotoko na?
Yinina ukuba bati abantu bami: Sizinkosi,
asiyi kubuya size kuwe? 32 Intombi iya
kulibala izihombo zayo na, *n*omtshakazi
imibinqo yake na? noko abantu bami ba-
libele mina imihla engenakubalwa. 33
Kunganina ukuba uyalungisa indhlela yako
ukufuna utando? ngokunjalo kwa ama-
nkazana akohlakeleyo uwafundisile indhle-
la zako. 34 Kwa semasondweni *engubo*
zako kufunyenwe igazi lemipefumlo yama-
hlwempu angenatyala; andilifumananga
ngokungongxa, koko lipezu kwazo zonke
ezi*zinto*. 35 Uti noko: Ngokuba ndinge-
natyala, okunene ingqumbo yake yobuya
kumi. Bona ke, ndiya kupikisana nawe,
ngennxa yokuba uti: Andonanga. 36 Ku-
nganina ukuba uyatyutya kakulu ukuya
kuguqula indhlela yako? uya kudanela i-
Jipete nayo, njengokuba ubudanela i-Asi-
riya. 37 Kwa nalapo uya kupuma, une-
zandhla zako pezu kwenkloko yako; ngo-
kuba UYEHOVA elahlile amatemba ako, ngako
akuyi kutamsanqeleka ngawo.

3 KUTIWA: Ukuba indoda iyandulula
umfazi wayo, aze emke kuyo, abe ngo-
wennye indoda, iya kubuyela kuye ka-
njako na? libe lingayi kudyojwa kakulu
na elozwe? kodwa wena uwenzile umbulo
nabatandwa abaninzi; buyela kumi noko,
utsho UYEHOVA. 2 Pakamisa amehlo ako
ngakuzo indawo ezipezulu, ukangele apo
kungalalwanga na nawe kona: ezindhle-
leni ubahlalele, njengom-Arabi enklango;
waudyobile ilizwe ngemibulo yako na-
ngenkohlakalo yako. 3 Ngako izipango
zibanjiwe, kungabangako namvula ya-
semva; wabunebunzi lengnawokazi, wala
ukuba nenkloni. 4 Akuyi kubiza kwa
ngoku na kumi *ukuti:* Bawo wami! ubu-
ngumhlobo wobutsha bami wena? 5 Uya
kubamba *ingqumbo yake* kude kube ngunapa-
kade na? wo*yi*gcina ngamaxesha onke na?
Bona ke, utetile, wazenza izinto ezikohla-
keleyo njengokuba ubunako ukwenje njalo.

6 WAYESITI UYEHOVA kumi emihleni
ka-Josiya ukumkani: Ubonile na oko a-
kwenzileyo u-Sirayeli opambukileyo? Wa-
hamba pezu kwazo zonke intaba ezinde,
napantsi kwayo yonke imiti eluhlaza, wa-
wenza umbulo kona. 7 Ndati emveni
kwokwenza kwake zonke ezi*zinto:* Bu-
yela kumi; kanti akabuyanga; wabona
*oku* udade wake ohanahanisayo, u-Juda.
8 Ndaye ndibona, xeshekweni bendim-
ndulule u-Sirayeli opambukileyo ngen-
nxa yako konke aberexezile ngako, ndam-
nika innewadi yokulahlwa kwake, ukuba
ebengoyiki u-Juda ohanahanisayo, udade
wake, kodwa waya wawenza umbulo kwa
yena. 9 Kwaza kwati, ngokuhlazeka
kwombulo wake, walidyoba ilizwe, ware-
xeza namatye nemiti. 10 Kanti nangennxa
yoku konke, udade wake ohanahanisayo
u-Juda akabuyelanga kumi ngayo yonke
inkliziyo yake, kodwa ngabo ubuxoki,
utsho UYEHOVA.
11 Wayesiti UYEHOVA kumi: u-Sirayeli
opambukileyo uzenze olungileyo pezu
kwo-Juda ohanahanisayo. 12 Hamba,
ushumayele lamazwi ngasenode, uti:
Buya, Sirayeli opambukileyo! utsho
UYEHOVA; andiyi kubuti shwa ubuso bami
pezu kwenu; ngokuba ndinobubele mina,
utsho UYEHOVA, andiyi kubamba *ingqumbo*
kude kube ngunapakade. 13 Yivume ko-
dwa inkohlakalo yako, okokuba ugqitile
ngakuye UYEHOVA, UTIXO wako, nokuba
ucitile indhlela zako pakati kwabasemzini,
ngapantsi kwayo yonke imiti eluhlaza;
nelizwi lami anilipulapulanga, utsho UYE-
HOVA. 14 Buyani, lusapo olupambukileyo!
utsho UYEHOVA, ngokuba nditshatile nani;
ndandiya kunitabata, emnye kwisixeko, na-
babini kwisizalwane, ndinizise e-Ziyone;
15 ndandiya kunipa abalusi njengenkliziyo
yami, abaya kuninqaka ngokwazi nango-
kuqonda. 16 Kwakuya kuti, xeshekweni
niya kwanda nicume elizweni, ngemihla
leyo, utsho UYEHOVA, akusayi kubuya



University of Fort Hare

kutiwe: Ityeya yocebano LUKAYEHOVA;
ayisayi kungena nasenkliziyweni; ayisayi
kukunjulwa kanjalo; ayisayi kufunwa
nokufunwa; ayisayi kubuya yenziwe
kanjako. 17 Ngexesha elo i-Yerusaleme
iya kubizwa ngokuti yiterone KAYEHOVA;
izizwe zonke zohlanganiselwa kuyo, ega-
meni LIKAYEHOVA, e-Yerusaleme; zaye zi-
ngayi kubuya zihambe ngobulukuni ben-
kliziyo yazo ekohlakeleyo. 18 Ngemihla
leyo indhlu ka-Juda iya kuhamba nendhlu
ka-Sirayeli; baya kuvela kwa kunye kulo
ilizwe lasenode, ukuza elizweni endandi-
linika koyihlo benu libe lilifa. 19 Koko
bendisiti: Ndingati nina ukukubeka pa-
kati kwosapo, nokukunika ilizwe elinqwe-
nelekileyo, ilifa elibubuhle bobuhle bezi-
zwe? Ndaza ndati: Uya kundibiza ngo-
kuti: Bawo! waungayi kubuya kumi.
20 Noko, *njengokuba* umfazi eshiya indoda
yake ngenkohliso, kwa njalo nina nenze
ngenkohliso ngakumi, ndhlu ka-Sirayeli!
utsho UYEHOVA.
21 Ilizwi lavakala pezu kwendawo ezi-
pezulu, ukulila *n*ezitaruziso zosapo luka-
Sirayeli, ngokokuba lutyekisile indhlela
yalo, *nokuba* lumlibele UYEHOVA, UTIXO
walo. 22 Buyani, lusapo olupambuki-
leyo! ndiya kupilisa impambuko zenu.
Nanku sisiza kuwe, ngokuba wena, YE-
HOVA! UNGUTIXO wetu. 23 Ngennyaniso
kufumana *kufunwa* ezindulini, *na*sesini-
nzini sentaba; ngennyaniso kukuye UYE-
HOVA, UTIXO wetu, ukusindiswa kwo-Sira-
yeli. 24 Ngokuba okuyindaniso kudhlile
inzuzo yobawo betu kwa sebutsheni betu;
igusha zabo nenkomo zabo, onyana babo
nentombi zabo. 25 Siyalala pantsi eku-
daneni kwetu, nehlazo letu liyasigubu-
ngela; ngokuba sonile ngakuye UYEHOVA,
UTIXO wetu, tina nobawo betu, kwa sebu-
tsheni betu kwada kwanamhla nje, singa-
pulapulanga ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO
wetu.
4 Ukuba uya kubuya, Sirayeli! utsho
UYEHOVA, buyela kumi; nokuba uya
kukwelelisa izinto zako ezizondekileyo
kwa pambi kwami, akuyi kuba libadu-
badu. 2 Wauya kufunga *ngokuti:* Ehleli
nje UYEHOVA! ngennyaniso, ngobugwebo,
nangobulungisa; zaye izizwe ziya kuti
zinetamsanqa kuye, nakuye ziya kuqayisa.
3 Ngokuba esitsho UYEHOVA kumadoda
akwa-Juda nakwi-Yerusaleme ukuti: Zi-
kùbeleleni umhlaba olifusi, ningahlwayeli
pakati kwenkanga. 4 Zaluseni KUYEHOVA,
nisuse amajwabu enkliziyo yenu, nina
'madoda akwa-Juda nabemi base-Yerusa-
leme! hleze bupume uburalarume bami
njengomlilo, butshe, kungabiko obuci-
mayo, ngennxa yenkohlakalo yezenzo
zenu.
5 Xelani kwa-Juda, nivakalise e-Yeru-
saleme; niti: Vutelani ixilongo elizweni;
dandulukani kakulu, niti: Zihlanganiseni,
siye singene ezixekweni ezinqatyisiweyo.
6 Pakamisani ibanile e-Ziyone; yenzani
intsabo, ningemi; ngokuba ndiza kuvelisa
ilishwa enode, nembujiswa enkulu. 7
Ingonyama iyanyuka eludadeni lwayo,
nomtshabalalisi wezizwe selendulukile;
upumile endaweni yake ukuza kulenza
ilizwe lako ingcitakalo; izixeko zako ziya
kucitwa, zingabi nabemi. 8 Ngennxa
yoku binqani ngenklakanklaka, yenzani
isijwili, nilile; ngokuba ingqumbo eshu-
shu KAYEHOVA ingabuyi kuti. 9 Kwakuya
kuti ngomhla lowo, utsho UYEHOVA, inkli-
ziyo yokumkani iya kububa, nenkliziyo
yenkosana; abaperisite bomangaliswa, na-
baprofite boti nqa.
10 Ndaza ndati: Au, NKOSI 'YEHOVA!
ngennyaniso ukohlisile kakulu abantu
aba, ne-Yerusaleme, usiti: Niya kuba
noxolo; kanti irele liyafikela ebomini.
11 Ngeloxesha kuya kutiwa kwaba-
bantu nakwi-Yerusaleme: Ummoya ofu-
dumeleyo wasezindaweni ezipezulu enkla-
ngo, ngakuyo intombi yabantu bami,
kungekukuba wele, kungekukuba ucokise
kanjalo; 12 ummoya ozeleyo pezu kwo-
njalo wondizela: kaloku kanjalo ndiya
kuteta imigwebo *yami* ngakubo. 13 Bona
ke, njengamafu uya kunyuka, nanjengesa-
qwiti innqwelo zake; amahashe ake ana-
mendu pezu kwenkozi. Hai usizi lwetu!
ngokuba sicitakaliswa. 14 Hlanza inkli-
ziyo yako enkohlakalweni, Yerusaleme!
ukuze usindiswe: kude kube ninina aya
kuhlala pakati kwako amaqinga ako ange-
ndawo? 15 Ngokuba ilizwi lixela livela
e-Dane, lishumayela ubunzima livela enta-
beni yakwa-Frayime. 16 Bikani ezizweni,
bona ke, shumayelani pezu kwe-Yerusa-
leme, *ukuti:* Abalaleli bavela elizweni eli-
kude, abakupa ilizwi labo ngakuzo izixeko
zakwa-Juda. 17 Njengabalindi bentsimi,
boba ngakuyo ngento engqongayo; ngo-
kuba ivukele ngakumi, utsho UYEHOVA.
18 Indhlela yako, nezenzo zako zikwe-



University of Fort Hare
Together in Excellence

nzele ezi*zinto* : yiyo le inkohlakalo yako ;
ngennyaniso irara, ngennyaniso iyafikela
enkliziyweni.
19 Amatumbu ami ! amatumbu ami !
ndinokututumba ezindongeni zenkliziyo
yami ; inkliziyo yami iyanewina pakati
kwami ; andingeti ewaka ; ngokuba inklo-
koma yexilongo uyivile, mpefumlo wami !
umemezo lwokulwa. 20 Isapuko pezu
kwesapuko siyashunyayelwa ; ngokuba ili-
zwe lonke licitakaliswa ; ngesiqupe ziya-
citakaliswa intente zami, *na*ngepanyazo
izikuselo zami. 21 Kude kube ninina
ndiya kuyibona ibanile, ndiyive nenklo-
koma yexilongo? 22 Ngennyaniso abantu
bami banyabile ; mina abandazi ; balusapo
oludolileyo ; abanakuqonda : balumkile
ukwenza okukohlakeleyo, kodwa ukwe-
nza okulungileyo abakwazi. 23 Ndaka-
ngela ilizwe, kekaloku bona ke, belibu-
gxwayiba belizé ; kwa nezulu, kodwa be-
kungeko ukukanya kwalo. 24 Ndaka-
ngela intaba, kekaloku bona ke, bezingca-
ngcazela, nazo zonke induli zadidiza. 25
Ndakangela, kekaloku bona ke, beku-
ngeko namntu, nazo zonke intaka zezulu
zibe zibalekile. 26 Ndakangela, keka-
loku bona ke, umhlaba ocumileyo ubu-
yinklango ; nazo zonke izixeko zawo bezi-
citiwe pambi KWOYEHOVA, pambi kwobu-
shushu bengqumbo yake. 27 Ngokuba
esitsho UYEHOVA ukuti : Ilizwe lonke loba
yingcitakalo ; kodwa andiyi kukwenza
ukugqitywa *noko.* 28 Ngennxa yoku
umhlaba uya kulila, namazulu pezulu oba
mnyama ; ngennxa yokuba ndikutetile,
ndikucingile, ndingayi kuba nosizi, ndi-
ngayi kuguquka kuko kanjako. 29 Nge-
sandi sabakweli bamahashe nabatoli ziya
kubaleka zonke izixeko ; baya kungena
ezindadeni, bakwele emaweni : zonke izi-
xeko ziya kushiywa, kude kungabiko
'mntu ohlala kuzo. 30 Nawe ocitakalisi-
weyo ! uya kwenza 'nto nina ? nakuba
uzivatisa ngento ebomvu, nakuba uziho-
mba ngezihombo zegolide, nakuba urazula
amehlo ako ngeqabo, wofumana uzenza
mhle ; abatandwa *bako* bokudela, baya ku-
funa ubomi bako. 31 Ngokuba ndivile
ilizwi njengelomfazi oza kuzala, *e*lotutu-
mbelo njengolwozibulayo, ilizwi lentombi
yase-Ziyone : iyabefuza, iyatwabulula iza-
ndhla zayo, *isiti :* Hai ke usizi lwami !
ngokuba umpefumlo wami udiniwe ngaba-
bulali.

5 Sukasukani ezitarateni ze-Yerusalemo,
nikangele ke, nazi, nifune ezinkundhleni
zayo, ukuba ningafumana umntu na, ukuba
kuko na owenzayo okufanelekileyo, ofu-
nayo innyaniso, ndandiya kuyixolela. 2
Nokuba baya kuti : Ehleli nje UYEHOVA !
bayafunga ngobuxoki noko. 3 YEHOVA !
amehlo ako akapezu kwayo innyaniso
na ? ubabetile, kodwa abavanga ubuhlu-
ngu ; ubagqibile, *kodwa* balile ukwamkela
ululeko ; benzile ubuso babo bube lukuni
pezu kwolwalwa, balile ukubuya. 4
Ndaza ndati : Okunene aba bangamahlwe-
mpu ; banyabile, ngokuba bengazi indhlela
KAYEHOVA, isigwebo SOTIXO wabo. 5 Ndo-
hamba ndiye kwabakulu, nditete nabo,
ngokuba bona besazi indhlela KAYEHOVA,
isigwebo SOTIXO wabo : koko aba begqibele
ukwapula iyokwe, baqaulile izinxibo. 6
Ngako oko ingonyama yasehlatini yobabu-
lala ; inncuka yokuhlwa yobacita ; ingwe
yolalela ngakuzo izixeko zabo ; bonke
abapuma kuzo baya kuqwengwa : ngo-
kuba izigqito zabo zininzi, *n*empambuko
zabo ziyinto enkulu. 7 Ndingati nina
ukukuxolela oku ? usapo lwako lundishi-
yile, lwafunga okungenguye UTIXO ; na-
ngona bendibahlutisile, barexeza noko,
bazixinanisa endhlwini yengnawokazi. 8
*Njeng*enkunzi zamahashe ezityetyisiweyo,
bavuka kusasa, bati abanye ngabanye ba-
konyela abafazi babamelwane babo. 9
Andiyi kwohlwaya na ngennxa yezi*zinto* ?
utsho UYEHOVA ; nompefumlo wami awuyi
kuzipindezela na pezu kwesizwe esinje-
ngesi ? 10 Nyukani pezu kwendonga
zayo, nitshabalalise, kodwa ningenzi uku-
gqitywa *noko* : susani amagatya ayo, ngo-
kuba engengawo AKAYEHOVA. 11 Ngokuba
benzile ngenkohliso kakulu ngakumi,
indhlu ka-Sirayeli nendhlu ka-Juda, utsho
UYEHOVA. 12 Bamkanyele UYEHOVA, bati :
Asi nguye ; ngako ilishwa aliyi kusihlela ;
asiyi kubona nerele nendhlala : 13 aba-
profite boba ngummoya, ngokuba ilizwi
lingeko kubo ; kuya kwenziwa njalo kubo.
14 Ngako oko utsho UYEHOVA, UTIXO wemi-
kosi, ukuti : Ngennxa yokuba niteta eli-
lizwi, bona ke, ndiya kuwenza amazwi
ami emlonyeni wako umlilo, nabantu aba
inkuni, wauya kubadhla. 15 Bona ke,
ndiya kuzisa pezu kwenu isizwe sivela
kude, ndhlu ka-Sirayeli ! utsho UYEHOVA ;
isizwe esinamandhla, isizwe esisesakudala,
isizwe esinteto ungayi kuyazi, nentu siyi-



University of Fort Hare

tetayo akuyi kuyiva. 16 Umpongolo waso
unjengencwaba elivulekileyo; bonke abaso
bangamagora. 17 Sasiya kudhla isivuno
sako, nesonka sako, *eso* bebeya kusidhla
onyana bako nentombi zako; siya kudhla
igusha zako nenkomo zako; siya kudhla
imiti yako yeveyine nemikiwane yako;
siya kuhlwempuzisa izixeko zako ezinqa-
tyisiweyo, ezo ubutemba kuzo, ngerele.
18 Noko, kwa semihleni leyo, utsho UYE-
HOVA, andiyi kunenzela ukugqitywa.
19 Kwakuya kuti, nakutsho ukuti: Ku-
ngennxa yanina asenzela zonke ezi*zinto*
UYEHOVA, UTIXO wetu? uya kwandula uti
kubo: Njengokuba nishiyile mina, nakonza
otixo basemzini elizweni lenu, kwa njalo
niya kukonza abasemzini elizweni elinge-
lelenu. 20 Xelani oku kwindhlu ka-
Yakobi, nikushumayele kwa-Juda, nisiti:
21 Yivani ke oku, nina 'bantu badolileyo
abangenangqondo! abanamehlo, kanti aba-
boni; abanendhlebe, kanti abeva! 22 Ani-
yi kwoyika mina na? utsho UYEHOVA; aniyi
kungcangcazela ebusweni bami na, ondi-
bekileyo inklabati ibe ngumda wolwa-
ndhle, ngommiso ongunapakade, ukuba lu-
ngagqiti kuyo? ewe, nakuba amaza alo
azamazama, akangeyise; nangona agqu-
mayo, akangegqite kuyo noko. 23 Kanti
ababantu banenkliziyo enenkani engeva-
yo; bapambukile, bemka ke. 24 Kanjako
abati enkliziyweni yabo: Masoyike kambe
UYEHOVA, UTIXO wetu, onikayo imvula, ne-
yapambili neyasemva, ngexesha layo, osi-
gcinelayo iveki ezimiselweyo zokuvuna.
25 Izikohlakalo zenu zishenxisile ezi-
*zinto*, nezono zenu zinqandile okulungileyo
kuni. 26 Ngokuba kufunyanwa pakati
kwabantu bami abakohlakeleyo; bayala-
lela, njengokuncatama kwabatiyeli; baya-
beka umgibe, bayabamba amadoda. 27
Njengomgqungu uzele zintaka, kwa njalo
izindhlu zabo zizele yinkohliso; ngako oko
benziwe abakulu nezityebi. 28 Batyebile,
bayakazimla; ewe, bagqitisile ngezinto
zenkohlakalo; ityala abalilungisi, ityala
lenkedama, bayatamsanqeleka noko; neba-
ngo labasweleyo abaliteteleli. 29 Andiyi
kwohlwaya na ngennxa ye*zinto*? utsho
UYEHOVA; umpefumlo wami awuyi kuzi-
pindezela na pezu kwesizwe esinjengesi?
30 Into yokutelwa nqa neyoyikekileyo
yenziwe elizweni: 31 abaprofite bayapro-
fitesha ngobuxoki, nabaperisite banobu-
kosi pantsi kwabo; bati abantu bami ba-
tande ukuba kube njalo; kodwa niya kwe-
nza 'nto nina ekupeleni kwako *oko*?
6 Yenzani intsabo, lusapo luka-Benjamine!
kwa pakati kwe-Yerusalemu; nivutele
ngexilongo e-Tekoha, nipakamise umqo-
ndiso womlilo e-Bete-kereme: ngokuba
ilishwa libonakala livela enode, nembuji-
swa enkulu. 2 Ndiya kutshabalalisa in-
tombi yase-Ziyone, eyinzwakazi ebubetye-
betye. 3 Abalusi baya kuza kuyo, kwa
nemihlambi yabo; baya kumisa intente
*zabo* ngakuyo ngento engqongayo; baya
kwalusa abanye ngabanye endaweni yabo.
4 Lungisani ukulwa ngakuyo; sukani, si-
nyuke emmini enkulu: hai usizi lwetu!
ngokuba immini isangene, ngokuba ama-
tunzi okuhlwa olukile. 5 Sukani, sinyuke
ebusuku, sicite ingxande zayo.
6 Ngokuba etshilo UYEHOVA wemikosi
ukuti: Nqumlani imiti, niposele udonga
ngakuyo i-Yerusaleme: siso isixeko esi-
fanele ukwohlwaywa sipela; imbandezelo
ipakati kwaso. 7 Njengokuba umtombo
umpompozisa amanzi awo, kwa njalo yona
iyampompozisa inkohlakalo yayo; ubu-
dhlwengu nokubada kuyaviwa kuyo; in-
klungu namanxeba apambi kwami futi.
8 Yiba ufundiswa, Yerusaleme! hleze um-
pefumlo wami uqipukelane nawe; hleze
ndikwenze ingcitakalo, ilizwe elingemi-
wayo.
9 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Baya
kugqibela ukusibikica, njengomti weve-
yine, isisalela so-Sirayeli; sibuyisele ezi-
tyeni isandhla sako, njengomvuni wedre-
yive. 10 Ndiya kuteta kobanina, ndiba-
yale, ukuba beve? bona ke, indhlebe yabo
iyengalukileyo, baze bakohlwe kukupula-
pula; bona ke, ilizwi LIKAYEHOVA lisi-
sigxekwa kubo; abanyamekeli lona. 11
Ngako ndizele buburalarume BUKAYEHOVA,
ndidiniwe kukunyamezela; ndobugalela
pezu kwabantwana ngapandhle, napezu
kwesihlelo samadodana kunye: okunene
kwa nendoda nomfazi baya kubanjwa,
omdala nalowo uzeleyo yimihla. 12 Izin-
dhlu zabo ziya kujikiselwa kwabanye,
amasimi nabafazi kwa kunye: ngokuba
ndiya kwolula isandhla sami pezu kwa-
bemi belizwe, utsho UYEHOVA. 13 Ngo-
kuba, kwa kuye omncinane wabo kude
kube kuye omkulu wabo, bonke bebawela
inzuzo engalungileyo; kanjalo kwa kuye
umprofite kude kube kuye umperisite,
bonke bayenza ngobuxoki. 14 Ngokuba



University of Fort Hare
Together in Excellence

bepilisa isapuko sentombi yabantu bami
ugendawo elula, besiti: Uxolo, uxolo; uxa
kungeko luxolo. 15 Bebedanile na, ngo-
kokuba benzile into eyintshontsho? Abake
badana nakanye, abakwazi nokuva inklo-
ni: ngako oko baya kuwa pakati kwabo
abawayo; ngexesha ndibohlwayayo bokù-
beka, utsho UYEHOVA.

16 Utsho UYEHOVA ukuti: Yimani ezin-
dhleleni, nikangele, nibuzele imizila ya-
kudala, ipina ke indhlela elungileyo, ni-
hambe kuyo, naniya kufumanela imipe-
fumlo yenu ukwonwaba. Kodwa bati:
Asiyi kuhamba *kuyo.* 17 Kanjako ndamisa
pezu kwenu abalindi, *besiti:* Pulapulani
kuyo inklokoma yexilongo. Kodwa bati:
Asiyi kupulapula.

18 Ngako oko, yivani, zizwe! wazi ke,
nklanganiso! into epakati kwabo. 19 Yiva,
mhlaba! bona ke, ndiya kuzisa ilishwa
pezu kwababantu, isixakato sawabo ama-
qinga; ngokuba bengawapulapulanga ama-
zwi ami, nomteto wami bawulahlile. 20
Yinto nina ke kumi, ukuba inklakamhlope
ivela e-Sheba, nekalame emnandi ezweni
elikude? Amadini okutshiswa enu akako-
lekile, nemibingo yenu ayiyolile kumi.
21 Ngako oko utsho UYEHOVA ukuti: Bona
ke, ndiya kubekela ababantu izikùbekiso,
babeya kukùbeka pezu kwazo oyise no-
nyana kwa kunye, ummelwane nomhlobo
wake, babube.

22 Utsho UYEHOVA ukuti: Bona ke, aba-
ntu baya kuza bevela elizweni lasenode,
isizwe esikulu siya kuvuswa emacaleni
omhlaba. 23 Bapete isipeta nomkonto,
babukali, bengenanceba; ilizwi labo li-
yagquma njengolwandhle, bayakwela pezu
kwamahashe; sebecwangcisiwe, njenga-
madoda *ecwangcis*elwe ukulwa, ngakuwe,
ntombi yase-Ziyone! 24 Sivile udumo
lwabo, izandhla zetu zipolelwe; ututu-
mbelo lusibambile, ubuhlungu njengobom-
fazi oza kuzala. 25 Ningapumeli endhle,
ningahambi endhleleni kanjalo; ngokuba
utshaba lunesirele, isoyikiso singamacala
onke. 26 Ntombi yabantu bami! binqa
ngenklakanklaka, uqikaqikeke elututwini;
zenzele isililo *njengesenzelwa* umntwana
oyedwa, isijwili esirara kunene, ngokuba
umfaci eya kuza pezu kwetu ngokuzuma.
27 Ndikumisile ube ngumlingi pakati
kwabantu bami, *n*ennqaba, ukuze uyazi
uyilinge indhlela yabo. 28 Bonke banga-
bapambuki abagqitisileyo ngokupambuka,
bayahambahamba behleba; balubedu nesi-
ncete; bangabo abonakalisi bonke. 29
Imfuto itshisiwe, ilode igqityiwe ngum-
lilo; umcokisi ufumana ecokisa, ngokuba
abakohlakeleyo bengakunyulwa. 30 Baya
kubizwa ngokuti yisilivere elahliweyo;
ngokuba UYEHOVA ebalahlile.

7 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, lisiti: 2 Yima esangweni
lendhlu KAYEHOVA, ushumayele kona elili-
zwi, uti:

Yivani ilizwi LIKAYEHOVA, nonke nina
bakwa-Juda! abangenayo ngalamasango
ukuza kubedesha UYEHOVA. 3 Utsho UYE-
HOVA wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti:
Lungisani indhlela zenu nezenzo zenu,
ndandiya kunihlalisa kulendawo. 4 Ni-
ngatembeli kuwo amazwi obuxoki, nisiti:
Itempile KAYEHOVA, itempile KAYEHOVA,
itempile KAYEHOVA, zizo ezi. 5 Koko,
ukuba niya kulungisa ngennyaniso in-
dhlela zenu nezenzo zenu; ukuba niya
kwenza ngennyaniso okufanelekileyo pa-
kati kwomntu nommelwane wake; 6 *uku-
ba* aniyi kubandezela owasemzini, *n*enke-
dama, nomhlolokazi, ningapalazi igazi eli-
ngenatyala kulendawo, uingalandeli otixo
bambi kube kukwenzakala kwenu; 7 ndi-
ya kwandula ndinihlalise kulendawo, eli-
zweni endalinikayo koyihlo benu, kude
kube ngunapakade kanapakade. 8 Bona
ke, niyatembela kuwo amazwi obuxoki,
lawo angenakunceda. 9 Niya kubà na,
nibulale, nirexeze, nifunge ngobuxoki, ni-
qumisele u-Bali, nilandele otixo bambi
eningabaziyo; 10 nize noko na, nime pa-
mbi kwami kulendhlu, ebizwayo ngegama
lami, niti: Sikululwe; ukuze nizenze zo-
nke ezizinto ezibuntshontsho nje? 11 Ka-
nene indhlu le, ebizwayo ngegama lami, iba
ngumqolomba wamanyangaza emehlweni
enu na? Ewe, bona ke, ndibonile mina,
utsho UYEHOVA.

12 Koko hambani ke niye endaweni
yami ebise-Shilo, apo ndamisa kona igama
lami ekuqaleni, nibone oko ndakwenza
kuyo ngennxa yenkohlakalo yabantu bami
o-Sirayeli. 13 Nakaloku, ngokokuba ni-
yenzile yonke lemisebenzi, utsho UYEHOVA,
ndaza ndateta kuni, ndivuka kusasa ndi-
teta, kanti nibe ningeva; ndanibiza, kanti
nibe ningasabeli; 14 kukona ndiya kwe-
nza kulendhlu ibizwayo ngegama lami,
enitembela kuyo, nakuyo indawo endayi-



University of Fort Hare

nikayo kuni nakoyihlo benu, njengoko
ndikwenzelo i-Shilo. 15 Ndandiya kuni-
lahla ebusweni bami, njengokuba ndibala-
hlile bonke abazalwana benu, yonke inzalo
ka-Frayime.

16 Ngako wena ungatandazeli ababa-
ntu, ungabapakamiseli isikalo nesitandazo,
ungandibongozi kanjako; ngokuba ndi-
ngayi kukuva. 17 Akukuboni na oko ba-
kwenzayo ezixekweni zakwa-Juda, nase-
zitarateni ze-Yerusaleme? 18 Abantwana
bayateza inkuni, noyise bayapemba umli-
lo, nabafazi bayabuca inklama, ukwenza
izonkana kukumkanikazi wezulu, nokutu-
lulela otixo bambi iminikelo yokusela,
ukuze bandiqumbise. 19 Ndimi na bam-
qumbisayo? utsho UYEHOVA; asi ngabo
bona na, kube kukudana kwobabo ubuso?
20 Ngako oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Bona ke, ingqumbo yami noburala-
rume bami buya kugalelwa pezu kwale-
ndawo, pezu kwabantu napezu kwezilo,
napezu kwemiti yasendhle, napezu kwesi-
qamo somhlaba; babuya kutsha, bungaci-
nywa.

21 Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti: Yongezani amadini oku-
tshiswa enu kuyo imibingo yenu, nitye
innyama. 22 Ngokuba bendingateti no-
yihlo benu, bendingabayaleli kanjako,
emhleni ndabanyusayo elizweni le-Jipete,
ngendawo zamadini okutshiswa nemibi-
ngo; 23 koko lento ndabendibayalela nga-
yo, ndisiti: Pulapulani ilizwi lami, nda-
ndiya kuba NGUTIXO wenu, noti nina nibe
ngabantu bami: kanjalo hambani kuyo
yonke indhlela endiya kuniyalela ngayo,
ukuze kulunge kuni. 24 Abapulapula
noko, abatoba indhlebe yabo kanjako, ko-
dwa bahamba ngamacebo *na*ngobulukuni
benkliziyo yabo ekohlakeleyo, baya ngom-
va, benga*yanga* ngapambili. 25 Kuselo-
kwalomhla bapumayo oyihlo benu eli-
zweni le-Jipete, kwada kwanamhla nje,
nditumile kuni zonke izicaka zami abapro-
fite, imihla ngemihla ndivuka kusasa nje
ndizituma. 26 Abapulapula kumi noko,
abatoba indhlebe yabo kanjako, kodwa
bayenza lukuni intamo yabo; benza ngo-
kukohlakeleyo ngapezu kwoyise babo. 27
Nakuba uwateta kubo onke lamazwi, abayi
kupulapula kuwe noko; nakuba ubizayo
kubo, abayi kusabela kuwe. 28 Ngako
woti kubo: Esi sisizwe esingapulapuliyo
ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO waso; esingaya-
mkeli imfundiso kanjako: ibubile innya-
niso, inqamkile emlonyeni wabo.

29 Gugula innwele zako, uzilahle, upa-
kamise isililo pezu kwezipezulu indawo;
ngokuba UYEHOVA esikalele wasibukula isi-
zukulwana somsindo wako. 30 Ngokuba
usapo luka-Juda lwenzile okukohlakeleyo
emehlweni ami, utsho UYEHOVA: lubekile
izinto zalo ezibuntshontsho kulondhlu ibi-
zwayo ngegama lami, ukuyincolisa. 31
Kanjalo lwakile indawo ezipakamileyo
zase-Tofete, esesihlanjeni sonyana ka-
Hinome, ukuba lutshise onyana balo nen-
tombi zalo emlilweni; into endingayiya-
lelanga, nengangenanga enkliziyweni ya-
mi. 32 Ngako oko, bona ke, imihla iyeza,
utsho UYEHOVA, nxa ingasayi kubizwa ngo-
kuti yi-Tofete, nesihlambo sonyana ka-
Hinome, koko *iya kubizwa* ngokuti sisihla-
mbo sobulalo; ngokuba beya kumcwaba
e-Tofete, kude kungabi sabiko indawo.
33 Nezidumbu zababantu zoba kukutya
ezintakeni zezulu nasezilweni zomhlaba,
kungeko ozitusayo. 34 Ndandiya kupezisa
ezixekweni zakwa-Juda, nasezitarateni ze-
Yerusaleme, ilizwi lomgcobo nelizwi lo-
vuyo, ilizwi lomyeni nelizwi lomtshakazi;
ngokuba ilizwe loba yintshabalalo.

8 Ngexesha elo, utsho UYEHOVA, baya ku
kupa amatambo okumkani bakwa-Juda
namatambo enkosana zake, namatambo
abaperisite, namatambo abaprofite, nama-
tambo abemi base-Yerusaleme, emancwa-
beni abo; 2 bawaneke pambi kwelanga,
napambi kwennyanga, napambi kwawo
wonke umkosi wezulu; *ezonto* babezitanda,
nababezikonza, nababezilandela, nababezi-
funa, nababezibedesha: akayi kubutwa,
akayi kuncwatywa nokuncwatywa; oba
njengomgquba ebusweni bomhlaba. 3
Kwakuya kuqashwa ukufa pezu kwobomi
siso sonke isisalela sabo baseleyo kwesisi-
zalwane sikohlakeleyo, kuzo zonke indawo
zabaseleyo apo ndibagxotele kona, utsho
UYEHOVA wemikosi.

4 KANJAKO uya kuti kubo: Utsho
UYEHOVA ukuti: Baya kuwa, bangesuki
na? baya kupambuka, bangabuyi na? 5
Kunganina ukuba ababantu base-Yerusa-
leme bapambukile ngempambuko engena-
kupela? bayabambelela kuyo inkohliso,
bayala ukubuya. 6 Ndapulapula ndeva
ke; abateta ngokulungileyo; akwabiko
namnye onosizi pezu kwenkohlakalo yake,



University of Fort Hare

esiti: Ndenze 'nto nina? Bonke bajikele
ezihambeni zabo, njengehashe ligaleleka
ekulweni. 7 Kwa iraside emazulwini
iyazi amaxesha ayo amisiweyo; kanjalo
izuba, nenkonjane, nendwe, ziyagcina ixe-
sha lokufika kwazo; kodwa abantu bami
abazi isigwebo SIKAYEHOVA. 8 Ningati nina
ukuti: Silumkile tina, umteto KAYEHOVA
unati? Bona ke, ngennyaniso ufumane
wawenza, usiba lwababàli lufumane *lwa-
wubàla*. 9 Abalumkileyo badanile, bama-
tisiwe, babanjiwe; bona ke, ilizwi LIKA-
YEHOVA balilahlile; bubulumko banina
abanabo?

10 Ngako oko ndiya kunika abafazi
babo kwabanye, namasimi abo kwabaya
kuwafuya; ngokuba kwa kuye omncinane
kude kube kuye omkulu, bonke bebawele
inzuzo engalungileyo; kwa kuye umpro-
fite kude kube kuye umperisite, bonke
bayenza ngobuxoki. 11 Ngokuba bepilisa
isapuko sentombi yabantu bami ngendawo
elula, besiti: Uxolo, uxolo; nxa kungeko
luxolo. 12 Bebedanile na, ngokokuba be-
nzile into eyintshontsho? Abake badana
nakanye, abakwazi nokuva inkloni: ngako
oko baya kuwa pakati kwabo abawayo;
ngexesha lokwohlwaywa kwabo bokùbe-
ka, utsho UYEHOVA. 13 Ndogqibela uku-
babubisa, utsho UYEHOVA; akuyi kubako
idreyive pezu kwomti weveyine, namaki-
wane pezu kwomkiwane, kwa igqabi liya
kubuna; *nento* ndibanikile *zona* ziya ku-
mka kubo. 14 Yinina ukuba sisahlala?
Zihlanganiseni, siye singene ezixekweni
ezinqatyisiweyo, siti tu kona; ngokuba
UYEHOVA, UTIXO wetu, esenzile siti tu, wa-
siseza amanzi ennyongo; ngokuba sonile
ngakuye UYEHOVA. 15 Sakangela uxolo,
kodwa bekungeko okulungileyo; *sakangela*
ixesha lempiliso, kodwa nasi isituso. 16
Kwa se-Dane bekuvakala ukutimla kwa-
mahashe ake; ngenklokoma yokukonya
kwanamandhla ake langcangcazela ilizwe
lonke; ngokuba besiza bagqibe ilizwe
nako konke okukulo, isixeko nabahlala
kuso. 17 Ngokuba, bona ke, ndiya kuzi-
tuma pakati kwenu innyoka, ibasiliske,
ezingenakunyangwa; zaziya kuniluma,
utsho UYEHOVA. 18 Ukucwayita kwami
kumi kulusizi, inkliziyo yami kumi icu-
bukile. 19 Nali ilizwi lesikalo sentombi
yabantu bami, livela elizweni labakude,
*lisiti:* UYEHOVA akako na e-Ziyone?
ukumkani wayo akako na kuyo? Yinina
ukuba bandiqumbisile ngemifanekiso yabo
eqingqiweyo, ngezinto ezingendawo za-
semzini? 20 Ixesha lokuvuna lidhlulile,
ihlobo lipelile, kanti tina asisindiswanga
*noko*. 21 Ngennxa yesapuko sentombi
yabantu bami ndapukile mina; ndiyalila;
ukuti nqa kundibambile. 22 Itsori ayiko
na e-Gileyadi? umpilisi akako na apo?
kunganina ngoko ukuba akubuyiswanga
ukupila kwentombi yabantu bami?

9 Ayaba inkloko yami ibingamanzi,
namehlo ami ebengumtombo wennye-
mbezi, ukuba ndilile emmini nasebusuku
ngennxa yababuleweyo bentombi yabantu
bami!

2 AKWABA ndabendinayo enklango
indawo yokulalisa yabahambi! ukuba ndi-
bashiye abantu bami, ndimke kubo: ngo-
kuba bengabo abarexezi bonke, inklanga-
niso yabenzayo ngenkohliso. 3 Bayagoba
ulwimi lwabo, *njenge*sipeta sabo, ngobu-
xoki, bengenaburoti ngennxa yennyaniso
elizweni; ngokuba bepuma kw*ennye* inko-
hlakalo baye kw*ennye* inkohlakalo, benga-
zanga mina, utsho UYEHOVA. 4 Lumke-
lani omnye ngomnye umhlobo wake, ni-
ngatembeli nakomnye umzalwana; ngo-
kuba bonke abazalwana beya kulumkisa
kupela, nabo bonke abahlobo bohambaha-
mba behleba. 5 Abanye ngabanye baya
kulukuhla umhlobo wabo, nennyaniso
abayi kuyiteta; bafundisile ulwimi lwabo
amazwi obuxoki, bayazidinisa ukwenza
ngobugwenxa. 6 Inklalo yako ipakati
kwenkohliso; ngayo inkohliso bayala u-
kwazi mina, utsho UYEHOVA. 7 Ngako
oko utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Bona
ke, ndobanyibilikisa ndibalinge; ngokuba
ndingati nina ukwenza *ngakumbi* ngennxa
yentombi yabantu bami? 8 Ulwimi lwabo
lutolo olubulalayo, luyateta inkohliso:
ngomlomo wabo bayateta uxolo abanye
ngabanye kumhlobo wabo, kanti pakati
kwabo bayabeka isilalelo sabo. 9 Andiyi
kubohlwaya na ngennxa yezizinto? utsho
UYEHOVA; umpefumlo wami awuyi kuzi-
pindezela na pezu kwesizwe esinjengesi?
10 Ndiya kuhlabela isililo nesikalo ngen-
nxa yentaba, nesijwili ngennxa yamariwa
enklango; ngokuba zitshisiwe, kungeko
namntu odhlulayo; akuvakali ilizwi len-
komo; kwa nentaka zezulu nezilo zibale-
kile, zimkile. 11 Ndandiya kuyenza i-
Yerusaleme ibe zimfumba, indawo yoku-



University of Fort Hare
Together in Excellence

hlala yempunguty e; nezixeko zakwa-Juda
ndiya kuzenza ingcitakalo, kungeko ohlala
*kuzo.*
12 Ingubanina indoda elumkileyo, u-
kuba iqonde oku? *ungubanina* nalowo
umlomo KAYEHOVA utetile kuye, ukuba
akuxele? kungennxa yanina ilizwe litsha-
balele, litshisiwe njengenklango, kungeko
odhlulayo? 13 Wayesiti UYEHOVA: Ngo-
kokuba beshiyile umteto wami endiwube-
kileyo pambi kwabo, bengapulapulanga
ilizwi lami, bengahambanga ngawo kanjalo;
14 koko belandele ubulukuni benkliziyo
yabo, nabo o-Bali, oko bebekufundiswa
ngoyise babo: 15 ngako oko utsho UYEHOVA
wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Bona
ke, ndiya kubadhlisa abantu aba umhlo-
nyane, ndibaseze amanzi ennyongo. 16
Ndobati sa pakati kwabaheyideni, abebe-
ngabazi, kwa bona noyise babo; ndandiya
kutuma emva kwabo irele, ndide ndibagqi-
bele.
17 Utsho UYEHOVA wemikosi, ukuti:
Gqalani, nibabize abalilikazi, ukuba beze;
namalumkokazi niwatumele, ukuba eze.
18 Ewe, mabanxame basihlabelele isikalo,
ukuze amehlo etu atyityizele ngennye-
mbezi, nenkope zetu zitontsele amanzi.
19 Ngokuba ilizwi lesikalo livakala livela
e-Ziyone: Hai ukucitakaliswa kwetu! si-
danile kakulu; ngokokuba sishiyile ilizwe,
ngokokuba bewisile inklalo zetu. 20 Yi-
vani kodwa, bafazi! ilizwi LIKAYEHOVA, iti
indhlebe yenu ilamkele ilizwi lomlomo
wake; nize nifundise intombi zenu isikalo,
nabanye ngabanye *mabafundise* umlingane-
kazi wabo isililo. 21 Ngokuba ukufa
kunyukele ezifestileni zetu, kungenile
ezingxandeni zetu; kusika intsapo ngapa-
ndhle, namadodana ezitarateni. 22 Teta,
utsho UYEHOVA ukuti: Ewe, izidumbu
zabantu ziya kuwa, njengobulongo, pezu
kwobuso bomhlaba; nanjengesitungu emva
kwomvuni, kungeko osibutayo.
23 Utsho UYEHOVA ukuti: Isilumko ma-
singaqayisi ngobulumko baso, neroti mali-
ngaqayisi ngoburoti balo; isityebi masi-
ngaqayisi ngobutyebi baso; 24 koko lowo
uqayisayo makaqayise ngoku, ukuba andi-
qonde andazi mina, ukuba ndiNGUYEHOVA,
owenza ububele, nobugwebo, nobulungisa,
emhlabeni; ngokuba ezizinto ndizitanda,
utsho UYEHOVA.
25 Bona ke, imihla iyeza, utsho UYE-
HOVA, nxa ndiya kubohlwaya bonke abalu-
kileyo ndawonye nabangalukileyo: 26 o-
Jipete, no-Juda, no-Edome, nosapo luka-
Hamoni, no-Mowabi, nabo bonke abanqu-
nyulwe amancame *oderu*, abahlala enkla-
ngo; ngokuba zonke *ezizizwe* zingabanga-
lukileyo, nayo yonke indhlu ka-Sirayeli
ingabangalukileyo ngenkliziyo.

10 YIVANI ilizwi alitetayo UYEHOVA
kuni, ndhlu ka-Sirayeli! 2 Utsho
UYEHOVA ukuti: Indhlela yabaheyideni ni-
ngayifundi, nangemiqondiso yasezulwini
ningetuswa; nangona abaheyideni betuswa
ngayo. 3 Ngokuba amasiko ezizwe enge-
ndawo: ngokuba kugaulwa umti ehlatini,
umsebenzi wezandhla zenncibi, ngezembe.
4 Bayawuhomba ngesilivere nangegolide;
bayawuqinisa ngezikonkwane nangezando,
uze ungashukumi. 5 Banjengomti wepa-
lime osetyenziweyo, abangetete; bafanele
ukutwalwa, ngokuba bengenakuhamba:
ningaboyiki; ngokuba bangenze okukohla-
keleyo, kanjalo nokwenza okulungileyo
akuko nabo. 6 Akuko nanto engangawe,
YEHOVA! umkulu wena, negama lako li-
kulu ngamandhla. 7 Ngubanina obengayi
kukwoyika, Kumkani wezizwe! ngokuba
kufanele wena; ngokuba pakati kwawo
onke amalumko ezizwe, nakubo bonke u-
bukumkani bazo, kungeko nanto enganga-
we. 8 Kodwa ngokunye badolile, banya-
bile; usisohlwayo sezinto ezingendawo
umti ngokwawo. 9 Isilivere ekandelweyo
iyaveliswa e-Tareshishe, negolide e-Yufazi,
umsebenzi wenncibi, nowezandhla zomtyi-
tyishi; ukuvata kwabo lizolura nesibomvu,
bangumsebenzi wamalumko bonke. 10
Kanti UYEHOVA UNGUTIXO oyinnyaniso, yena
UNGUTIXO opilileyo, nokumkani ongunapa-
kade; ngokurala kwake umhlaba uyaza-
mazama, nezizwe azingenyamezele umsindo
wake. 11 (Niya kutsho kubo ukuti:
Otixo abangenzanga amazulu nomhlaba,
baya kutshabalala kwa semhlabeni, napa-
ntsi kwamazulu la.) 12 Wawenza umhlaba
ngamandhla ake, wamisa ilizwe ngobulu-
mko bake; nangengqondo yake wawolula
amazulu. 13 Nxa akupa ilizwi lake, kuko
ingxokolo yamanzi ezulwini; uyenyusa
amafu esipelweni somhlaba; uyenza imi-
bane kunye nemvula; nommoya uyawu-
velisa ezimbekelweni zake. 14 Badolile
abantu bonke bengenakwazi; badanele
umfanekiso bonke abatyityishi: ngokuba
umfanekiso otyityishiweyo wake ububu-



University of Fort Hare

xoki; akuko ummoya kuyo. 15 Yinto
engendawo yona, umsebenzi wezigculelo:
ngexesha lokwohlwaywa kwayo iya ku-
tshabalala. 16 Osisabelwa sika-Yakobi
akanjengalé; ngokuba yena engumdali
wento zonke; no-Sirayeli uyintonga yelifa
lake: NGUYEHOVA wemikosi igama lake.

17 BUTA impahla yako elizweni, wena
uhleli ekuvingcekeleni! 18 Ngokuba esi-
tsho UYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya ku-
saula abemi belizwe ngexesha eli, ndiba-
ngenise ebunzimeni, ukuze babufumane.

19 Hai usizi lwami, ngenxa yesapuko
sami! isibetwa sami sibuhlungu; kodwa
ndati: Ngenyaniso lento iyingozi, endi-
fanel' ukuyinyamezela. 20 Intente yami
icitekile, nazo zonke intambo zami ziqau-
kile; usapo lwami lupumile kumi, lunga-
seko; akuko oya kwolula kanjako intente
yami, noya kumisa izikuselo zami. 21
Ngokokuba abalusi bebedolile, nokuba
bengamfunanga UYEHOVA, ngako oko abalu-
ngisekanga, nawo wonke umhlambi wabo
waba lusali. 22 Ilizwi lereto, bona ke,
liyeza, nempitimpiti enkulu ivela elizweni
lasenode; kuze kwenziwe izixeko zakwa-
Juda ingcitakalo, indawo yokuhlala yem-
pungutye.

23 Ndiyazi, YEHOVA! ukuba asi yiyo
eyomntu indhlela yake, asi kuko okwen-
doda ehambayo ukubekisa ukunyatela
kwayo. 24 Ndohlwaye, YEHOVA! kodwa
ngokufanelekileyo; kungabi ngengqumbo
yako, hleze undenze into encinane. 25
Galela umsindo wako pezu kwabaheyideni
abangakwazanga, napezu kwezizalwane
ezingabizanga egameni lako: ngokuba
bemdhlile u-Yakobi; ewe, bamdhlile, bam-
gqibele, nekaya lake balicitakalisile.

11 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, lisiti: 2 Yivani amazwi
olucebano, nitete kuwo amadoda akwa-
Juda, nakubo abemi base-Yerusaleme; 3
uze uti kubo: Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti:

Makaqalekiswe lowamntu ongevayo a-
mazwi olucebano, 4 endayalelayo oyihlo
benu ngalo, mhlana ndabakupayo elizweni
le-Jipete, esidhlangalaleni sesincete, ndi-
siti: Yivani ilizwi lami, niwenze, njengako
konke ndiniyalelayo; naniya kuba ngaba-
ntu bami, nami ndoba NGUTIXO wenu; 5
ukuze ndiqinise isifungo, endafunga ngaso
koyihlo benu, sokuba ndibanike ilizwe
elela ubisi nobusi, njengokuba *kunjalo*
namhla nje. Ndaza ndapendula ndati:
Amene, YEHOVA!

6 Wandula UYEHOVA wati kumi: Shu-
mayela onke lamazwi ezixekweni zakwa-
Juda, nasezitarateni ze-Yerusaleme, usi-
ti: Yivani amazwi olucebano, niwenze.
7 Ngokuba ndanqinisa kunene koyihlo
benu, mhlana ndabanyusayo elizweni le-
Jipete, kwada kwanamhla nje, ndivuka
kusasa ndinqinisa, ndisiti: Yivani ilizwi
lami. 8 Abevanga noko, abatobanga in-
dhlebe yabo kanjalo, kodwa bahambile
abanye ngabanye ngobulukuni benkliziyo
yabo ekohlakeleyo; ngako ndizisile pezu
kwabo onke amazwi olucebano, endandiba-
yalela ukuwenza, kanti abawenzanga.

9 Waza UYEHOVA wati kumi: Kufunya-
nwa ingcebiswano pakati kwamadoda
akwa-Juda, napakati kwabemi base-Yeru-
saleme. 10 Babuyele kuzo izikohlakalo
zomakulu babo, ababesala ukuva amazwi
ami; balandele otixo bambi, ukuba baba-
konze: indhlu ka-Sirayeli nendhlu ka-
Juda balwapule ucebano lwami, endalwe-
nzayo noyise babo.

11 Ngako oko utsho UYEHOVA ukuti:
Bona ke, ndiya kuzisa pezu kwabo ilishwa,
abaya kukohlwa ukulipepa; nakuba baka-
layo kumi, andiyi kupulapula kubo noko.
12 Bangandula baye abezixeko zakwa-
Juda nabemi base-Yerusaleme, bakale kubo
otixo ababaqumiselayo: kodwa abayi kuka
babasindise exesheni lelishwa labo. 13
Ngokuba *njengenani* lezixeko zako, bebe-
njalo otixo bako, Juda! na*njeng*enani lezi-
tarate ze-Yerusaleme, nimisile izibingelo
kokulihlazo, izibingelo zokuqumisela u-
Bali. 14 Ngako kaloku ungatandazeli
ababantu, ungapakamisi ngenxa yabo isi-
kalo nesitandazo; ngokuba ndingayi kuva
exesheni lokubiza kwabo kumi ngenxa
yelishwa labo. 15 Umtandwa wami unanto
nina endhlwini yami, akuyenza lonto ebu-
tshinitshini eyimikumdelikane? kanjalo
innyama eyingcwele imkile kuwe: nxa
ukwenza okukohlakeleyo, oko uyagcoba.
16 UYEHOVA walibiza igama lako ngokuti,
ngumnquma oluhlaza, osiqamo sihle uku-
bonakala kwaso; ngenklokoma yesipitipiti
esikulu, upembile umlilo pezu kwawo,
namasebe awo wona wapukile. 17 Ngo-
kuba UYEHOVA wemikosi, okutyalileyo, ete-
tile ilishwa ngawe; ngenxa yenkohlakalo



University of Fort Hare
Together in Excellence

yendhlu ka-Sirayeli, neyendhlu ka-Juda,
abayenzileyo ngakubo bona ukundiqumbi-
sa, ngokuqumisela u-Bali.
18 Kekaloku UYEHOVA undazisile, ndide
ndazi ke: oko ubundibonisa izenzo zabo.
19 Kodwa mina bendinjengemvana engum-
buna, erolelwa ekuxèlweni; ngokuba be-
ndingazi ukuba baqingile amaqinga nga-
kumi, *besiti:* Masiwonakalise umti kunye
nokutya kwawo, masimnqamle elizweni
labapilileyo, ukuba igama lake lingabi
sakunjulwa. 20 Kodwa, YEHOVA wemikosi,
ogwebayo ngokulungileyo, olingayo izintso
nenkliziyo! mandibone impindezelo yako
pezu kwabo; ngokuba ndilityilile kuwe
ityala lami.
21 Ngako oko, utsho UYEHOVA ngawo
amadoda ase-Hanatote, abufunayo ubomi
bako, esiti: Ungaprofiteshi egameni LIKA-
YEHOVA, ukuze ungafi ngesandhla setu;
22 ngako oko, utsho UYEHOVA wemikosi
ukuti: Bona ke, ndiya kuwohlwaya; ama-
dodana aya kufa ngesirele; onyana bawo
nentombi zawo baya kufa ngendhlala; 23
kwaye kungayi kubako isisalela kuwo:
ngokuba ndiya kuzisa ilishwa pezu kwa-
madoda ase-Hanatote, umnyaka wokwo-
hlwaywa kwawo.

12 Ulungile wena, YEHOVA! noko mandi-
pikisane nawe; manditete nawe inda-
wo zobugwebo kupele. Kunganina ukuba
indhlela yabakohlakeleyo inokutamsanqe-
leka? *kunganina* ukuba basekwonwabeni
bonke abenzayo ngenkohliso kakulu? 2
Ubatyalile, bendele kunjako; bayakula,
bayavelisa isiqamo kanjako; ukufupi wena
emlonyeni wabo, koko ukude nezintso zabo.
3 Kodwa wena, YEHOVA! uyandazi; uya-
ndibona, nenkliziyo yami uyayilinga *ukuba*
inawe: barolele ukuxèlwa njengegusha,
ubahlulele umhla wokubulala. 4 Kude
kube ninina ilizwe liya kulila, nenca ye-
zindhle zonke ziya kubuna, ngennxa yen-
kohlakalo yabahleli kulo? kububile izilo
nentaka; ngokuba bebesiti: Akuyi kubo-
nwa ukupela kwetu.
5 Nxa ubalekayo nabahamba ngennya-
wo, bandule bakudinise, woti nina ke uku-
zamana namahashe? ukuba elizweni loxolo
unqabile, woti nina ke ukwenza ekukuku-
maleni kwe-Yoredane? 6 Ngokuba kwa
abazalwana bako, nendhlu kayihlo, kwa
bona bayakupata ngenkohliso, kwa bona
bayabiza emva kwako kakulu: zungakolwa
ngabo, nangona bateta kuwe ngobuhlobo.

7 Ndishiyile indhlu yami, ndilahlile
ilifa lami, ndinikele umtandwa wompefu-
mlo wami esandhleni sentshaba zake. 8
Ilifa lami linjengengonyama ehlatini kumi;
liyakupa ngakumi ilizwi lalo; ngako oko
ndilitiyile. 9 Ilifa lami liyintakakazi ena-
mabala kumi; intakakazi zingakulo ngo-
kuti ngqonga: yizani, hlanganisani onke
amaramncwa asendhle, waziseni ekudhleni.
10 Abalusi abaninzi bawonakalisile um-
yezo wami, bawubuqile umhlaba wami;
bawuguqule umhlaba wami omnandi ube
yinklango ecitakeleyo. 11 Wenziwe ube
yingcitakalo; uyingcitakalo nje, uyalila
kumi; ilizwe lonke licitakalisiwe, kungeko
olibekela inkliziyo noko. 12 Pezu kwazo
zonke indawo ezipezulu enklango abafaci
bafikile; ngokuba irele LIKAYEHOVA lisi-
dhla kwa *kwennye* inncamo yelizwe kude
kube *kwennye* inncamo yelizwe; akuko
luxolo kulo lonke uluntu. 13 Bahlwayele
innqolowa, koko beya kuvuna ameva; ba-
zidinisile, *koko* bengayi kuncedwa; baya
kudanela inzuzo yenu, ngennxa yobushu-
shu bengqumbo KAYEHOVA.
14 Utsho UYEHOVA ngakubo bonke aba-
melwane bami abakohlakeleyo, abacuku-
misa ilifa endibenzileyo abantu bami o-
Sirayeli balidhle, ukuti: Bona ke, ndiya
kubadonyula elizweni labo, nendhlu ka-
Juda ndoyidonyula kwa pakati kwabo. 15
Kwakuya kuti, emveni kwokuba ndibado-
nyule, ndobuya ndibe netaru ngakubo,
ndibabuyise, baye abanye ngabanye elifeni
labo, nabanye ngabanye emhlabeni wabo.
16 Kwakuya kuti, ukuba baya kukutala
ukufunda indhlela zabantu bami, bafunge
igama lami *ngokuti:* Ehleli nje UYEHOVA!
njengokuba bebefundisa abantu bami uku-
funga u-Bali, baya kwandula bakiwe pa-
kati kwabantu bami. 17 Kodwa ukuba
abayi kuva, ndiya kugqibela ukudonyula
isizwe eso, ndisitshabalalise, utsho UYE-
HOVA.

13 WATSHO UYEHOVA kumi ukuti:
Hamba uzizuzele umbinqo weqiya,
uwufake esinqeni sako, kodwa ungawu-
ngenisi emanzini. 2 Ndaza ndawuzuza
umbinqo njengelizwi LIKAYEHOVA, ndawu-
faka esinqeni sami.
3 Laye ilizwi LIKAYEHOVA lisiza kumi
ngokwesibini, lisiti: 4 Tabata lombinqo
uwuzuzileyo, osesinqeni sako, usuke, uye
em-Ferate, uwufihle kona emfanteni we-



University of Fort Hare

liwa. 5 Ndasuka ndaya, ndawufihla nga-
sem-Ferate, njengokuba UYEHOVA ebendi-
yalela. 6 Kwaye kute ekupeleni kwemihla
emininzi, wandula UYEHOVA wati kumi:
Suka, uye em-Ferate, uwususe kwa lapo
umbinqo, endibe ndikuyalela ukuba uwu-
fihle kona. 7 Ndaza ndaya em-Ferate,
ndemba ke, ndawususa umbinqo kulonda-
wo apo bendiwufihlile kona; kekaloku
bona ke, umbinqo ube wonakele, ubunga-
fanelekele 'nto. 8 Landula ilizwi LIKA-
YEHOVA leza kumi, lisiti:

9 Utsho UYEHOVA ukuti: Kwa ngoku-
njalo ndiya kulonakalisa iratshi lo-Juda,
neratshi le-Yerusaleme elikulu. 10 Aba-
bantu bakohlakeleyo, abalayo ukuva ama-
zwi ami, abahambayo ngobulukuni benkli-
ziyo yabo, balandele otixo bambi, ukuba
babakonze, nokuba bababedeshe, boba kwa
njengombinqo lo, ongafanelekele 'nto. 11
Ngokuba, njengokuba umbinqo unamatela
esinqeni sendoda, kwa njalo ndiyinamate-
lisile kumi yonke indhlu ka-Sirayeli, nayo
yonke indhlu ka-Juda, utsho UYEHOVA,
ukuba babe ngabantu, negama, nendumiso,
nengcwalisa kumi; koko bengapulapula-
nga.

12 Ngako uya kuliteta kubo elilizwi:
Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti:
Zonke intsuba zozaliswa ngeveyine. Baya
kuti kuwe: Asikolisi ukwazi na ukuba zo-
nke intsuba zozaliswa ngeveyine? 13 Uya
kwandula uti kubo: Utsho UYEHOVA ukuti:
Bona ke, ndiya kuzalisa bonke abemi beli-
lizwe, kwa okumkani abahlalela u-Davide
pezu kweterone yake, nabaperisite, naba-
profite, nabo bonke abemi base-Yerusa-
leme, ngokunxila. 14 Ndandiya kubaka-
hlelisa omnye ngakuye omnye, kwa oyise
nonyana ndawonye, utsho UYEHOVA; andiyi
kuba nanceba, andiyi kuba nalusizi,
andiyi kuba nataru, ukuba ndingabatsha-
balalisi.

15 Yivani, nibeke indhlebe; ningaqan-
qalazi; ngokuba UYEHOVA etetile. 16 Ni-
kelani UYEHOVA, UTIXO wenu, ubungcwalisa,
engekenzi ubumnyama, zingekakûbeki in-
nyawo zenu pezu kwentaba ezinoncwalazi,
nxa nilinda ukukanya, kanti uyakuguqula
kube litunzi lokufa, akwenze isitokotoko.
17 Kodwa ukuba aniyi kuva oko, umpe-
fumlo wami wolila ezindaweni ezifihlake-
leyo ngenxa yeratshi *lenu*; laye iliso lami
liya kulila innyembezi kakulu, ewe, liya
kutyityizela ngennyembezi; ngokuba um-
hlambi KAYEHOVA utinjiwe. 18 Yiti kuyo
ukumkani nakuyo inkosikazi: Zigobeni,
hlalani pantsi; ngokuba kuya kuhla ezin-
klokweni zenu ikrone yenkazimlo yenu.
19 Izixeko zasesuyide zivaliwe, kungeko
ozivulayo; iyafuduswa i-Juda yonke, iya-
fuduswa ipela. 20 Pakamisa amehlo enu,
ubone abo bavela enode: upina umhlambi
wabuwupiwa, umhlambi wako omhle? 21
Woti nina ke, nxa aya kukwohlwaya?
ngokuba ubafundisile ukuba zinkosi ezin-
kulu pezu kwako: aziyi kukubamba in-
nimba na, njengomfazi oza kuzala? 22
Naxeshekweni uya kuti enkliziyweni ya-
ko: Kunganina ukuba ndihlelwe ezi-
*zinto*? kungobuninzi benkohlakalo yako
amasondo *engubo* yako atyiliwe, nezitendo
zako zipetwe ngobudhlwengu. 23 Um-
Tiyopiya uya kuyiguqula inklonze yake
na? umhlaumbi ingwe amabala ayo na?
*oko* nani niya kwenza okulungileyo, eniqe-
leyo ukwenza okukohlakeleyo. 24 Ngako
ndiya kubacita njengomququ, owemkayo
nommoya wasenklango. 25 Esi sisiqa-
shiswa sako, isahlulelwa sako esilinganisi-
weyo sivela kumi, utsho UYEHOVA: ngo-
kokuba undilibele mina, watembela ebu-
xokini; 26 kukona nami ndiya kuhluba
amasondo *engubo* yako abe pezu kwobuso
bako, ukuze bubonakale ubuhloni bako.
27 Imirexezo yako, nezikonyo zako, ubu-
tshinitshini bombulo wako, pezu kwenduli
ezindhleni, izinto zako ezizondekileyo ndi-
zibonile: kwoba nzima kuwe, Yerusaleme!
akuyi kuba ngcwele na? kwoba semva
kwexesha elisengakananina ke?

14 ILIZWI LIKAYEHOVA elezayo ku-Jere-
miya ngendawo yokwoma.

2 I-Juda iyalila, namasango ayo ayacu-
buka; ayalila *etoba* ngasemhlabeni; isikalo
se-Yerusaleme sinyukile. 3 Amanene abo
ayatuma abancinane bawo ukuka amanzi;
bayeza emacibini, abafumani amanzi; ba-
yabuya nemipanda yabo izé; badanile,
bamatisiwe, bayagqubutela inkloko zabo.
4 Ngenxa yokuba umhlaba urazukile,
ingeko imvula emhlabeni nje, abalimi
badanile, bayagqubutela inkloko zabo.
5 Ewe, nexamakazi liyazala itole endhle,
lilishiye ke, ngokuba bungeko utyani. 6
Kanjalo amaqwara ayema kwezipezulu
indawo, ayasezela ummoya njengempu-
ngutye; amehlo awo ayapela, ngokuba
ingeko innca.



University of Fort Hare

7 Nakuba izikohlakalo zetu zinqìnela
ngakuti, YEHOVA! yenza ngennxa yelako
igama; ngokuba izipambuko zetu zininzi;
sonile ngakuwe. 8 Wena 'litemba lika-
Sirayeli, ongumsindisi wako ngexesha lo-
bunzima! kunganina ukuba unjengowa-
semzini elizweni, nanjengomhambi opa-
mbukela ukulalisa? 9 Kunganina ukuba
unjengendoda ebetwa bubutulu, njengeroti
elikohlwa kukusindisa? Noko wena upa-
kati kwetu, YEHOVA! siyabizwa ngegama
lako kanjako; zungasiyeki.
10 Utsho UYEHOVA kwababantu ukuti:
Batandile ukudungudela kangaka, ababa-
mbanga innyawo zabo; ngako UYEHOVA
akababuki; kaloku uya kukumbula inko-
hlakalo yabo, asohlwayele isono sabo. 11
Waza wati UYEHOVA kumi: Ungatandazeli
ababantu ngennxa yokulunga *kwabo*. 12
Nakuba bazilayo, andiyi kupulapula isi-
kalo sabo; naxeshekweni banikela idini
lokutshiswa nomnikelo wokudhla, andiyi
kubabuka; koko ndiya kubagqiba ngesi-
rele, nangendhlala, nangesifo esibubisayo.
13 Ndaza ndati: Au, NKOSI 'YEHOVA!
bona ke, abaprofite bati kubo: Aniyi ku-
bona isirele, nendhlala aniyi kuba nayo,
ngokuba ndiya kuninika uxolo oluqinileyo
kulendawo. 14 Wandula UYEHOVA wati
kumi: Abaprofite abo-bayaprofitesha ubu-
xoki egameni lami; andibatumanga, andi-
bayalezelanga, anditetanga kubo; ngumlita
wobuxoki, nokulaula, nento engendawo,
nenkohliso yeyabo inkliziyo, abaziprofite-
shayo kuni. 15 Ngoko utsho ukuti UYE-
HOVA ngabo abaprofite abaprofiteshayo
ngegama lami, nangona ndingabatumanga,
abati: Isirele nendhlala aziyi kubako kwe-
lilizwe: Ngaso isirele nangayo indhlala
baya kugqitywa abaprofite abo. 16 Na-
bantu, abo baprofiteshayo kubo, bolahlelwa
ezitarateni ze-Yerusaleme, ngennxa yen-
dhlala nesirele, kungeko 'mntu oya kuba-
newaba, bona, abafazi babo, nonyana babo,
nentombi zabo; ngokuba ndiya kugalela
pezu kwabo inkohlakalo yabo. 17 Ngako
uya kuteta kubo elilizwi *lokuti:* Makatyi-
tyizele amehlo ami ngennyembezi, ngobu-
suku nangemmini, angabi nakupeza; ngo-
kuba intombi ipela yabantu bami yapukile
ngesapuko esikulu, ngesibetwa esibuhlu-
ngu kunene. 18 Ukuba ndiyapumela en-
dhle, naba ababuleweyo ngesirele! ka-
njalo, ukuba ndiyangena esixekweni, naba
abanezifo ngendhlala! okunene kwa nom-
profite nomperisite baya kufudukela eli-
zweni abangalaziyo.
19 Ugqibele ukulahla i-Juda na? umpe-
fumlo wako uyatiya i-Ziyone na? kunga-
nina ukuba usibetile, kude kungabiko kuti
impiliso? Sakangela uxolo, kodwa akuko
okulungileyo; nexesha lempiliso, kodwa
nasi isituso. 20 Siyavuma, YEHOVA! uku-
kohlakala kwetu, *n*okungalungi kwobawo
betu; ngokuba sonile ngakuwe. 21 Unga-
deli ngennxa yegama lako, ungahlazisi
iterone yobungcwalisa bako; kumbula,
ungalwapuli ucebano lwako nati. 22 Ku-
ko na pakati kwezinto ezingendawo zaba-
heyideni enganisayo imvula? nezulu li-
nganika izipango lona na? wena akunguye
na, YEHOVA 'TIXO wetu? ngako sokangela
kuwe, ngokuba nguwe owenza zonke ezi-
*zinto.*
15 Wandula UYEHOVA wati kumi: Nakuba
u-Mosesi umhlaumbi u-Samyali ebemi
pambi kwami, umpefumlo wami *ubungayi*
*kuba* ngakubo ababantu: bandululo ebu-
sweni bami, bapume ke. 2 Kwakuya kuti,
xeshekweni bati kuwe: Sopumela pina?
wandule ukuti kubo: Utsho UYEHOVA
ukuti: Abo ba*mis*elwe ukufa, ekufeni; na-
bo ba*mis*elwe isirele, esireleni; nabo ba-
*mis*elwe indhlala, endhlaleni; nabo ba*mise*-
lwe ukutinjwa, ekutinjweni. 3 Ngokuba
ndiya kubamisela inklobo zinne, utsho
UYEHOVA; isirele, ukuba sibulale; nezinja,
ukuba ziqwenge; nentaka zezulu, nezilo
zomhlaba, ukuba zidhle zitshabalalise no-
kutshabalalisa. 4 Ndandiya kubanikela
ekuzanyazanyisweni kubo bonke ubuku-
mkani bomhlaba, ngendawo ka-Manase,
unyana ka-Hezekiya, ukumkani wo-Juda,
ngennxa yoko wakwenzayo e-Yerusaleme.
5 Ngokuba ngubanina oya kuba nenceba
pezu kwako, Yerusaleme? ngubanina noya
kukukùza? umhlaumbi ngubanina oya ku-
pambuka ukuya kubuza ukupila kwako?
6 Wena undilahlile, utsho UYEHOVA, uyile
ngomva; ngako ndiya kusolula isandhla
sami ngakuwe, ndikutshabalalise; ndidi-
niwe kukuba nosizi. 7 Ndandiya kubela
ngento yokwela emasangweni elizwe; ndi-
bahlutile abantu bami abantwana, ndiba-
bubisile, bengabuyanga uje ezindhleleni
zabo. 8 Abahlolokazi babo bayinto enni-
nzi kumi pezu kwenklabati yolwandhle;
ndibazisele ngakuye unina indodana eli-
bada emmini; ndiwisile pezu kwabo ngo-
kwalama ututumelo namavuso. 9 Ozeleyo



University of Fort Hare

abasixenxe uyacubuka; ukupile umpefu-
mlo wake; ilanga lake litshonile nxa ku-
seyimmini; udanisiwe, wamatiswa: nesi-
salela sabo, ndobanikela esireleni ebu-
sweni bentshaba zabo, utsho UYEHOVA.
10 Hai usizi lwami, ma! ukuba undi-
zele ndibe yindoda yepike, nendoda yem-
pikiswano kulo lonke ilizwe: andibolekile,
andibolekiwe kanjako; bonke bayandiqa-
lekisa *noko.* 11 Wati UYEHOVA: Ngennya-
niso ndokukululela okulungileyo; ngen-
nyaniso ndiya kulwenza utshaba luxolane
nawe, exesheni lelishwa, nasexesheni lo-
bunzima. 12 Kungaqotywa isincete na,
isincete sasenode, nexina? 13 Ubutyebi
bako nendyebo zako ndozinikela ukupa-
ngwa, kungengennxa yexabiso, koko ku-
ngennxa yazo zonke izono zako, kwa kuyo
yonke imida yako. 14 Ndandiya ku*ku*-
*dhlulisa* kunye nentshaba zako ukuya eli-
zweni ungalaziyo; ngokuba umlilo upe-
njiwe ngengqumbo yami, uya kutsha pezu
kwenu.
15 Wena uyazi, YEHOVA! ndikumbule,
utyelele kumi, undipindezelele kubo aba-
tshutshisi bami; ekuqumbeni kade kwako
zungandisusi; yazi ukusitwala kwami
ngennxa yako isigxeko. 16 Amazwi ako
afunyanwa, ndaza ndawadhla; ewe, ilizwi
lako laba ngumgcobo novuyo lwenkliziyo
yami kumi; ngokuba ndibizwa ngegama
lako, YEHOVA, TIXO wemikosi! 17 Andi-
hlalanga esihlelweni sabagculeli, andavu-
yelela kanjako; ngennxa yesandhla sako
ndahlala ndedwa, ngokuba undizalisile
ngokurala. 18 Kunganina ukuba ubuhlu-
ngu bami buyinto efuti, nokuba inxeba
lami lelingenakupola, elingavumi ukupili-
swa? Wogqibela ukuba njeng*omlambo* oko-
hlisayo na kumi? *woba njeng*amanzi atshi-
tshayo na?
19 Ngako oko, utsho UYEHOVA ukuti:
Ukuba uya kubuya, ndiya kwandula ndi-
kubuyise, wauya kuma ebusweni bami;
nokuba uya kukupa okudumileyo kuko oku-
delekileyo, woba njengomlomo wami: ma-
babuyele kuwe bona, kodwa wena akuyi
kubuyela kubo. 20 Ndandiya kukwenza
ube ludonga lwexina olunqabileyo kubo
ababantu; nakuba balwa nawe, abayi ku-
kweyisa noko; ngokuba ndinawe mina,
ukukusindisa nokukuhlangula, utsho UYE-
HOVA. 21 Ewe, ndokuhlangula esandhleni
sabakohlakeleyo, ndandiya kukukulula
esandhleni sezidhlwengu.

16 ILIZWI LIKAYEHOVA lalekela leza
kumi, lisiti:
2 Akuyi kuzeka umfazi, kanjako akuyi
kuba nonyana nentombi, kulendawo. 3
Ngokuba esitsho UYEHOVA ngabo onyana
nangazo intombi, abazalwayo kulendawo,
nangabo onina ababazalayo, nangabo oyise
ababazalayo kwelilizwe, ukuti: 4 Baya
kufa ngezifo ezifisayo, abayi kulilelwa,
abayi kunewatywa kanjalo; boba nje-
ngomgquba ebusweni bomhlaba; babeya
kugqitywa ngesirele nangendhlala, nezi-
dumbu zabo zoba kukutya kuzo intaka
zezulu, nakuzo izilo zomhlaba. 5 Ngokuba
esitsho UYEHOVA ukuti: Ungangeni en-
dhlwini yokukala, ungayi ukubalilela,
unga*yi* nokubakuza; ngokuba ndisusile
uxolo lwami kubo ababantu, utsho UYE-
HOVA, *kwa no*bubele nenceba. 6 Kwa
nabakulu nabancinane baya kufa kweli-
lizwe; abayi kunewatywa; kanjalo *abantu*
abayi kubalilela, abayi kuziqapula, abayi
kuzenza 'bunqai ngennxa yabo. 7 Abayi
kubaqezulela *isonka* ekulileni, ukuba ba-
tutuzelwe pezu kwofileyo; kanjako abayi
kubaseza ngendebe yotutuzelo, ngennxa
yoyise nangennxa yonina.
8 Akuyi kungena nasendhlwini yomte-
ndeleko, ukuze uhlale nabo ukutya noku-
sela. 9 Ngokuba esitsho UYEHOVA wemi-
kosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Bona ke,
ndiya kupezisa kulendawo, pambi kwame-
hlo enu, nasemihleni yenu, ilizwi lom-
gcobo nelizwi lovuyo, ilizwi lomyeni neli-
zwi lomtshakazi.
10 Kwakuya kuti, nxa uya kuxela kwa-
babantu onke lamazwi, baze bati kuwe:
Kungennxa yanina alitetileyo UYEHOVA
lonke elilishwa likulu ngakuti? liyinto
nina ityala letu? siyinto nina isono setu
esonileyo ngaso ngakuye UYEHOVA, UTIXO
wetu? 11 uya kwandula uti kubo:
Kungennxa yokuba oyihlo benu bandi-
shiyile, utsho UYEHOVA, nokuba balandela
otixo bambi, babakonza, bababedesha; ka-
nti mina bandishiya, nomteto wami aba-
wugcinanga. 12 Nani nigqitisile oyihlo
benu ngokwenza okungalungileyo; ngo-
kuba, bona ke, nilandele omnye ngomnye
ubulukuni benkliziyo yake ekohlakeleyo,
engapulapuli kumi. 13 Ngako ndiya ku-
nigxota kwelilizwe, niye elizweni eninga-
lazanga, kwa nina noyihlo benu; nalapo
niya kukonza otixo bambi immini nobu-
suku, ngokuba ndingayi kuninika ufefe.



University of Fort Hare

14 Noko, bona ke, imihla iyeza, utsho
UYEHOVA, ekungayi kubuya kutiwe: Uhleli
UYEHOVA, owenyusayo usapo luka-Sirayeli
ezweni le-Jipete; 15 koko *kuya kutiwa:*
Uhleli UYEHOVA, olunyusileyo usapo luka-
Sirayeli ezweni lasenode, nakuwo onke
amazwe apo abelugxotele kona: ngokuba
ndiya kulubuyisela kowalo umhlaba, enda-
wunikayo koyise balo. 16 Bona ke, ndiya
kutumela abalobi abaninzi, utsho UYEHOVA,
abaya kubaloba; nasemva kwoko ndoba-
tumela abazingeli abaninzi, abayi kubazi-
ngela, bapume kuzo zonke intaba, nakuzo
zonke induli, nasemifanteni yamawa. 17
Ngokuba amehlo ami epezu kwendhlela
zabo zonke; azisitele ebusweni bami; ka-
njako inkohlakalo yabo ayifihliwe eme-
hlweni ami. 18 Kodwa ukuqala ndiya
kupindezela inkohlakalo yabo nesono
sabo ngokupindiweyo; ngokuba bencoli-
sile ilizwe lami ngezidumbu zezinto zabo
ezitiyekileyo, nelifa lami balizalisile nge-
zinto zabo ezibuntshontsho.
19 YEHOVA, mandhla ami, nenqaba
yami, nendawo yami yokupepela ngomhla
wobunzima! kwa kuwe abaheyideni baya
kuza bevela ezipelweni zomhlaba, bati:
Ngennyaniso obawo betu badhlile ilifa
lobuxoki, izinto ezingendawo, ekungeko
nannye pakati kwazo enokunceda. 20
Kanene umntu uya kuzenzela otixo na,
abangenguye UTIXO noko? 21 Ngako oko,
bona ke, ndiya kubazisa ngelixesha, ndiya
kubazisa isandhla sami namandhla ami,
babeya kukwazi okokuba igama lami li-
NGUYEHOVA.

17 Isono so-Juda sibàliwe ngesiqingqiso
sesincete, ngetsolo ledamante; siqi-
ngqiwe pezu kwecwecwe lenkliziyo yabo,
napezu kwempondo zezibingelo zenu; 2
nxa abantwana babo bakumbula izibingelo
zabo, nemifanekiso ka-Ashera yabo emitini
eluhlaza, pezu kwenduli ezinde. 3 Ntaba
yami kunye nelizwe! ubutyebi bako *nazo*
zonke indyebo zako ndozinikela ukupa-
ngwa, *n*endawo ezipakamileyo zako zo-
kwona, kuyo yonke imida yako. 4 Wauya
kuyeka kwa ngokwako ilifa lako, endilini-
kileyo kuwe; ndandiya kukukonzisa in-
tshaba zenu elizweni ungalazanga: ngo-
kuba umlilo niwupembileyo ngengqumbo
yami, uya kutsha kude kube ngunapakade.
5 Utsho UYEHOVA ukuti: Iqalekisiwe
indoda etembela emntwini, eyenza innya-
ma ingalo yayo, nenkliziyo imkayo KUYE-
HOVA! 6 Ngokuba iya kuba njengomti
weharohere elubala, ingaboni naxeshe-
kweni kuzayo okulungileyo; koko iya
kuma ezindaweni ezomileyo enklango, e-
zweni elityuwa nelingenabemi. 7 Ineta-
msanqa indoda etembela KUYEHOVA, nete-
mba layo LINGUYEHOVA! 8 Ngokuba iya
kuba njengomti utyelwe ngasemanzini,
onabisayo ingcambo zawo ngasemlanjeni,
ongaboni nxa buzayo ubushushu, koko
igqabi lawo liba luhlaza; ongenaxala em-
nyakeni wokwoma, ongapezi ukuvelisa isi-
qamo.
9 Inkliziyo inenkohliso pezu kwezinto
zonke; ewe, inesifo esinzima; ngubanina
ongayaziyo? 10 Ndimi 'YEHOVA opengu-
lulayo inkliziyo, olingayo izintso; ukuze
ndinike kubo bonke njengokwemikwa ya-
bo, njengokwesixakato sezenzo zabo. 11
*Njeng*entendele efukamela amaqanda inga-
wazalanga, *unjalo* oqwebayo ubutyebi, koko
kungengokufanelekileyo; ekuqingatisweni
kwemihla yake uya kubushiya, nasekupe-
leni kwake woba sisityakala. 12 Iterone
yobungcwalisa, ipakamile kwa sekuqaleni,
yindawo yengcwele yetu. 13 Ulitemba
lo-Sirayeli, YEHOVA! bonke abakushiyayo
bodaniswa; abemkayo kumi baya kubàlwa
emhlabeni, ngokuba beshiyile UYEHOVA,
umtombo wamanzi apilileyo.
14 Ndipilise, YEHOVA! ndandiya kupi-
liswa; ndisindise, ndandiya kusindiswa:
ngokuba wena uyindumiso yami. 15 Bona
ke, bati kumi: Lipina ilizwi LIKAYEHOVA?
malize ke. 16 Mina kodwa andinxamanga
ukuba ndingabi ngumalusi emva kwako;
nomhla olusizi andiwukanukanga; wena
uyazi: okupumileyo emlonyeni wami kwa-
bako pambi kwobuso bako. 17 Ungabi
sisituso kumi; usisipepelo sami wena em-
hleni welishwa. 18 Mabadaniswe aba-
tshutshisi bami, kodwa mandingadaniswa
mina; mabamatiswe bona, kodwa mandi-
ngamatiswa mina: zisa pezu kwabo umhla
welishwa, ubabubise ngembujiswa epindi-
weyo.

19 WATSHO UYEHOVA kumi ukuti:
Hamba uye ume esangweni losapo lwa-
bantu, abangena ngalo okumkani bo-Juda,
nabapuma ngalo, nakuwo onke amasango
e-Yerusaleme; 20 uti kubo: Yivani ilizwi
LIKAYEHOVA, bokumkani bo-Juda, no-Juda
bonke, nabo bonke abemi base-Yerusaleme,
abangenayo ngalamasango! 21 Utsho UYE-



University of Fort Hare
Together in Excellence

HOVA ukuti: Zilumkeleni, ningatwali nam-
nye umtwalo ngomhla wesabata, ningawu-
ngenisi ngamasango e-Yerusaleme. 22
Kanjako ningapumi nomtwalo ezindhlwini
zenu ngomhla wesabata, ningenzi namnye
umsebenzi; koko niya kuwenza ngcwele
umhla wesabata, njengokuba bendiyalela
oyihlo benu. 23 Kodwa abavanga, abato-
banga indhlebe kanjalo; koko benze lu-
kuni intamo yabo, ukuze bangeva, nokuze
bangayamkeli imfundiso.
24 Kwakuya kuti, nxa niya kukutala
ukundipulapula, utsho UYEHOVA, ningange-
nisi namnye umtwalo ngamasango esisixeko
ngomhla wesabata, nize niwenze ngcwele
umhla wesabata, ningenzi ngawo namnye
umsebenzi; 25 baya kwandula bangene
ngamasango esisixeko okumkani, nenko-
sana, behleli pezu kweterone ka-Davide,
bekwele ezinnqwelweni nasemahasheni,
bona nenkosana zabo, amadoda akwa-Juda
nabemi base-Yerusaleme; sasiya kuti esisi-
xeko sihlale kude kube ngunapakade. 26
Babeya kuvela ezixekweni zakwa-Juda,
nasezindaweni zangase-Yerusaleme, nase-
lizweni lakwa-Benjamine, nasetafeni, na-
sezintabeni, nasesuyide, bezisa amadini
okutshiswa, nemibingo, neminikelo yoku-
dhla, nenklakamhlope, kunye nabazisayo
iminikelo yokubulela, endhlwini KAYE-
HOVA.
27 Kodwa nxa ningayi kundipulapula,
ukuba niwenze ngcwele umhla wesabata,
nokuba ningatwali namnye umtwalo, koko
niya kungena ngamasango e-Yerusaleme
ngomhla wesabata; ndiya kwandula ndi-
pembe umlilo emasangweni ayo, oya kuzi-
dhla ingxande zase-Yerusalome, ungaci-
nywa.

18 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, lisiti: 2 Suka, uhle uye
endhlwini yombumbi; kwa lapo ndiya ku-
kuvisa amazwi ami. 3 Ndaza ndehla nda-
ya endhlwini yombumbi; kekaloku bona
ke, ebesenza umsebenzi pezu kwamatye
ajikelelayo. 4 Sati ke isitya abesenza
ngodongwe sonakaliswa esandhleni sombu-
mbi; waza wabuya wenza ngaso isitya si-
mbi, njengokuba bekufanele emehlweni
ombumbi ukusenza.
5 Landula leza ilizwi LIKAYEHOVA kumi,
lisiti: 6 Andingenze ngakuni na nje-
ngombumbi lo, ndhlu ka-Sirayeli? utsho
UYEHOVA: bona ke, njengodongwe esa-
ndhleni sombumbi, ninjalo nina esandhleni
sami, ndhlu ka-Sirayeli! 7 Nxa ndisu-
kuba nditeta ngaso isizwe, nangabo ubu-
kumkani, ukudonyula, nokucita, noku-
tshabalalisa; 8 ukuba isizwe eso, endibe
nditeta ngaso, siyaguquka enkohlakalweni
yaso, ndiya kwandula ndibe nosizi pezu
kwelishwa, endacinga ukusenza lona. 9
Kanjalo, nxa ndisukuba nditeta ngaso isi-
zwe, nangabo ubukumkani, ukwaka, noku-
tyala; 10 ukuba siyenza okukohlakeleyo
emehlweni ami, singapulapuli ilizwi lami,
ndiya kwandula ndibe nosizi pezu kwoku-
lungileyo, endati ndiya kubanceda ngako.
11 Ngako kaloku, utsho ke kumadoda
akwa-Juda, nakubo abemi base-Yerusale-
me, usiti: Utsho UYEHOVA ukuti: Bona ke,
ndiyadala ngakuni ilishwa, ndiyaqinga
ngakuni iqinga; guqukani ke, omnye
ngomnye endhleleni yake ekohlakeleyo,
nilungise imikwa yenu nezenzo zenu. 12
Kodwa bati: Akuko itemba; ngokuba siya
kulandela awetu amaqinga, senze omnye
ngomnye ngobulukuni benkliziyo yake
ekohlakeleyo. 13 Ngako oko utsho UYE-
HOVA ukuti: Kenibuze pakati kwabaheyi-
deni, ngubanina okuvileyo okunjalo? In-
tombi ipela ka-Sirayeli yenzile into eyoyi-
kekileyo kakulu. 14 Ingqweqwe ye-Leba-
none iya kushiywa na ngennxa yolwalwa
lwasendhle? amanzi wambi, abandayo,
elayo, aya kwomiswa na? 15 Noko abantu
bami balibele mina, bayaqumisela okunge-
ndawo: ewe, babakubekisile ezindhleleni
zabo, emendweni yakudala, ukuba baha-
mbe emizileni, endhleleni engapakanyi-
swanga; 16 kuze kwenziwe ilizwe labo
into yokutelwa nqa, into yokwenzelwa
amakwelo angunapakade; bonke abadhlu-
layo ngakulo boti nqa, bahlunguzele in-
kloko zabo. 17 Njengangommoya wasem-
pumalanga ndobacita pambi kwotshaba;
ndobabonisa umhlana, ndinga*babonisi* ubu-
so, emhleni wengozi yabo.
18 Baza bati: Yizani, siqingele u-Jere-
miya amaqinga; ngokuba kungayi kububa
umteto kumperisite, necebo kwilumko, ne-
lizwi kumprofite: yizani, simbete ngo-
lwimi, masingapulapuli kuwo namanye
amazwi ake.
19 Pulapula kumi, YEHOVA! ulive ili-
zwi labo bapikayo nami. 20 Ngekuvuzwa
ngokukohlakeleyo na esikundhleni soku-
lungileyo? noko babumbele ubomi bami
isihogo. Kumbula ukuma kwami ebu-



University of Fort Hare

sweni bako ukuba ndibatetele okulungi-
leyo, ukuba ndibuyise umsindo wako kubo.
21 Ngako oko nikela abantwana babo
kwindhlala, ubeyelisele ngamandhla ere-
le; nabafazi babo mababe ngabahlutiweyo
abantwana, nabahlolokazi; namadoda abo
makabulawe kukufa; amadodana abo ma-
kabetwe ngerele ekulweni. 22 Makuviwe
isikalo sivela ezindhlwini zabo, nxa ulizi-
sayo pezu kwabo ibandhla ngokuzuma:
ngokuba bendimbele isihogo ukundibamba,
nezibata bazifihlele innyawo zami. 23 Ko-
dwa wena, YEHOVA! uyalazi lonke icebo
labo ngakumi lokundifisa: zungaxoleli
ukukohlakala kwabo, nesono sabo ungasi-
suli ebusweni bako; kodwa mabapenulwe
pambi kwako; ngexesha lengqumbo yako
yenje *njalo* ngakubo.

19 Utsho UYEHOVA ukuti: Hamba uzuze
igubu lombumbi lodongwe, *utabate*
kwabadala babantu, nakwabadala babape-
risite; 2 uze upume *nabo* uye esihlanjeni
sonyana ka-Hinome, esingasemnyango we-
sango lobubumbo, ushumayele kona ama-
zwi endiya kuwateta kuwe, 3 uti:

Yivani ilizwi LIKAYEHOVA, bokumkani
bo-Juda, nabemi base-Yerusaleme! Utsho
UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, u-
kuti: Bona ke, ndiya kuzisa ilishwa pezu
kwalendawo, aya kuti osukuba eliva, in-
dhlebe zake zokenceza. 4 Ngennxa yo-
kuba bendishiyile, nalendawo beyenzile
eyasemzini, notixo bambi bebaqumisele
kuyo, abangabazanga bona, noyise babo,
nokumkani bo-Juda; nokuba bezalisile le-
ndawo ngegazi labangenatyala; 5 nokuba
bezakile indawo ezipakamileyo zika-Bali,
baze batshise onyana babo ngomlilo babe
ngamadini okutshiswa ku-Bali, into endi-
ngayiyalelanga, nendingayitetanga, nenga-
ngenanga enkliziyweni yami: 6 ngako
oko, bona ke, imihla iyeza, utsho UYEHOVA,
nxa indawo le ingasayi kubizwa ngokuti
yi-Tofete, nangokuti sisihlambo sonyana
ka-Hinome, kodwa ngokuti sisihlambo so-
bulalo. 7 Ngokuba ndiya kulitshitshisa
icebo lo-Juda ne-Yerusaleme kulendawo,
ndandiya kubawisa ngesirele pambi kwen-
tshaba zabo, nangesandhla sabo babufu-
nayo ubomi babo; nezidumbu zabo ndozi-
nika zibe kukutya kuzo intaka zezulu, na-
kuzo izilo zomhlaba. 8 Ndandiya kusenza
esisixeko into yokutelwa nqa, neyokwe-
nzelwa amakwelo: bonke abadhlulayo nga-
kuso boti nqa, benze amakwelo ngennxa
yazo zonke izibulawa zaso. 9 Ndandiya
kubadhlisa innyama yonyana babo, nen-
nyama yentombi zabo; ewe, baya kudhla
omnye innyama yomnye, ekuvingcelweni
nasekuxinezelweni, abaya kuti intshaba
zabo, nabo babufunayo ubomi babo, baba-
xinezele ngako.

10 Uya kwandula uqekeze igubu elo
emehlweni amadoda ahambayo nawe, 11
uti kuwo: Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti:
Ndiya kwenje njalo ukuqekeza abantu aba
nesixeko esi, njengokuba kuqekezwa um-
panda wombumbi, ongenako ukuhlaziywa
kanjako; kwakuya kuncwatywa e-Tofete,
kude kungabiko indawo yokuncwaba. 12
Ndiya kwenje njalo ke kulendawo, utsho
UYEHOVA, nakubo abemi bayo, ndide ndi-
senze isixeko esi njenge-Tofete. 13 Ka-
njalo izindhlu zase-Yerusaleme, nezindhlu
zokumkani bo-Juda, zoba njengendawo ye-
Tofete zincolile, kwa zonke izindhlu aba-
qumisileyo pezu kwezifulelo zazo kuwo
wonke umkosi wezulu, nabatululeleyo
otixo bambi iminikelo yokusela.

14 Wandula wavela u-Jeremiya e-To-
fete, apo UYEHOVA abemtumile kona ukuya
kuprofitesha, weza wema ebaleni lendhlu
KAYEHOVA, wati kubo bonke abantu: 15
Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-Sira-
yeli, ukuti: Bona ke, ndiya kuzisa pezu
kwesixeko esi, napezu kwayo yonke imizi
yaso, lonke ilishwa endilitetileyo ngakuso;
ngokuba beyenzile lukuni intamo yabo,
ukuze bangeva amazwi ami.

20 Kekaloku u-Pashure, unyana ka-
Yimeri umperisite, obengumongama
omkulu kanjalo endhlwini KAYEHOVA, obe-
siva u-Jeremiya eprofitesha lamazwi. 2
Wandula u-Pashure wabeta u-Jeremiya
umprofite, wamfaka entolongweni engase-
sangweni lasenkla lika-Benjamine, elinga-
kuyo indhlu KAYEHOVA.

3 Kwaza kwati ngomhla olandelayo,
u-Pashure wamkupa u-Jeremiya entolo-
ngweni. Wandula u-Jeremiya wati kuye:
UYEHOVA akabizi igama lako ngo-Pashure,
kodwa ngo-Magore-misabibe.* 4 Ngo-
kuba esitsho UYEHOVA ukuti: Bona ke,
ndiya kukwenza ube sisoyikiso kwa kuwe,
nakubo bonke abahlobo bako: babeya
kuwa ngesirele sentshaba zabo, ati amehlo
ako abonele; no-Juda bonke ndobanikela
esandhleni sokumkani wo-Babilone, oya

---

* *Oko kukuti:* Isoyikiso ngamacala onke.



University of Fort Hare
Together in Excellence

kubafudusela e-Babilone, ababulale nge-
sirele. 5 Kanjako, ndiya kunikela bonke
ubutyebi besixeko esi, nayo yonke inzuzo
yaso, nazo zonke izinto ezinqabileyo zaso,
nazo zonke indyebo zokumkani bo-Juda,
ndiya kuzinikela esandhleni sentshaba
zabo, eziya kuzipanga, zizitabate, zizise
e-Babilone. 6 Nawe, Pashure! nabo bonke
abahlala endhlwini yako, niya kuya eku-
tinjweni; wauya kuza e-Babilone, nakona
uya kububa, nakona uya kuncwatywa, wena
nabo bonke abahlobo bako, abo uprofite-
shile kubo ngobuxoki.
7 Wandicenga, YEHOVA! ndada ndace-
ngwa; wandigqita ngamandhla, weyisa
ke: ndibe ndiyinto yokugculelwa imihla
yonke, bonke bandihleka. 8 Ngokuba
nxa ndasukuba benditeta, ndakala; ndada-
nduluka *ukuti:* ubudhlwengu nokubada;
ngokuba ilizwi LIKAYEHOVA belindenzelwa
isigxekwa nesidelwa imihla yonke. 9 Ndaza
ndati: Andiyi kumkankanya, andiyi ku-
buya nditete egameni lako kanjalo: koko
bekuko enkliziyweni yami njengokungati
ngumlilo otshayo, uvingcelwe ematanjeni
ami; ndazidinisa ukunyamezela, koko be-
ndikohliwe. 10 Ngokuba bendisiva uku-
hleba kwabaninzi, isoyikiso besingamacala
onke: xelelani, *batsho ke,* sasiya kuxelela
ngayo: onke amakolwane ami ayalinda
ukuqwalela kwami; ngati, *atsho ke,* uya
kucengwa, size simeyise, sandule sitabate
impindezelo yetu kuye. 11 Kodwa U-
YEHOVA unami njengeroti elinamandhla;
ngako oko abatshutshisi bami baya
kukùbeka, bangeyisi: badanile kakulu,
ngokuba bengalungisekanga; loba lihlazo
elingunapakade, alisayi kulityalwa. 12
Kodwa, YEHOVA wemikosi, olingayo olu-
ngileyo, obonayo izintso nenkliziyo! ma-
ndibone impindezelo yako pezu kwabo;
ngokuba ndilityilile kuwe ityala lami.
13 Vumani KUYEHOVA! dumisani UYEHO-
VA! ngokuba ebuhlangule ubomi bama-
hlwempu esandhleni sabakohlakeleyo.
14 Mawuqalekiswe umhla endibe ndi-
zalwa ngawo! umhla owandizala ngawo
umá, maungatanyusanqeliswa! 15 Mayi-
qalekiswe indoda ebimshumayeza ubawo
ukuti: Uzalelwe umntwana wobudoda;
imvuyisa kakulu. 16 Ewe, londoda ma-
ibe njengezixeko ezibe zicitwa NGUYEHOVA,
engabanga nosizi; mayive isikalo ngokusa,
nesimemezo emmini enkulu; 17 ngokuba
ingandibulalanga kwa sesizalweni; andule
umá abe lincwaba lami, nesizalo sake sibe
simiti kude kube ngunapakade. 18 Yi-
nina lento endapuma esizalweni ukuza
kubona ubunzima nosizi, ukuba imihla
yami igqibeke eludanweni?

21 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, nxa ukumkani u-Zedekiya
watuma u-Pashure unyana ka-Malekiya,
no-Tsefaniya unyana ka-Mahaseya umperi-
site, baye kuye ukuti: 2 Sibuzele ke
KUYEHOVA; ngokuba u-Nebukanetsare u-
kumkani we-Babilone esenza imfazwe
ngakuti: kungati UYEHOVA wosenzela
njengayo yonke imimangaliso yake, ukuze
anyuke kuti.
3 Waza u-Jeremiya wati kubo: Niya
kutsho ku-Zedekiya ukuti: 4 Utsho UYE-
HOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Bona ke,
ndiya kujikisa izixòbo zemfazwe eziseza-
ndhleni zenu, enilwayo ngazo ngakuye
ukumkani we-Babilone, nangakuwo ama-
Kaledine, aniraulayo ngapandhle kwen-
donga; ndandiya kuwahlanganisa pakati
kwesisixeko. 5 Ndiya kulwa ngakuni
nami, ngesandhla esolulweyo, nangengalo
eyomeleleyo, nangengqumbo, nangoburala-
rume, nangomsindo omkulu. 6 Ndandiya
kubeta abemi besisixeko, kwa naba-
ntu nezilo; baya kufa ngesifo esikulu
esibubisayo. 7 Nasemva kwoko, utsho
UYEHOVA, ndobanikela u-Zedekiya uku-
mkani wo-Juda, nezicaka zake, nabantu,
nabo baseleyo kwesisixeko *besindile* kuso
isifo esibubisayo, *na*kulo irele, nakuyo
indhlala, esandhleni sika-Nebukanetsare
ukumkani we-Babilone, nasesandhleni sen-
tshaba zabo, nasesandhleni sabo babu-
funayo ubomi babo: waeya kubabeta
ngohlangoti lwerele; akayi kuba nosizi
pezu kwabo, akayi kuba nanceba, akayi
kuba nataru.
8 Nakubo ababantu uya kuti: Utsho
UYEHOVA: Bona ke, ndimisa pambi kwenu
indhlela yobomi, nendhlela yokufa. 9
Ohlalayo kwesisixeko, uya kufa ngerele,
nangendhlala, nangesifo esibubisayo; kanti
lowo upumayo, apongomele kuma-Kaledine
aniraulayo, uya kupila, nobomi bake woba
nabo bube lixoba. 10 Ngokuba ndibekile
ubuso bami ngakuso isixeko esi, kubo
kokubi, kungabi kokulungileyo, utsho
UYEHOVA; siya kunikelwa esandhleni
sokumkani we-Babilone, oya kusitshisa
ngomlilo.



University of Fort Hare

11 Nangayo indhlu yokumkani wo-Juda,
*uti:* Yivani ilizwi LIKAYEHOVA: 12 Ndhlu
ka-Davide! utsho UYEHOVA ukuti: Yenzani
ukugweba kusasa, nimhlangule opangiwe-
yo esandhleni sombandezeli, hleze bupume
njengomlilo uburalarume bami, butshise
kude kangabiko owucimayo, ngennxa yen-
kohlakalo yezenzo zenu. 13 Bona ke,
ndingakuwe, wena uhlalayo emhlanjeni,
wena 'lwalwa lwetafa! utsho UYEHOVA;
eniti: Ngubanina oya kuhlela ngakuti?
ngubanina noya kungena emakayeni etu?
14 Ngokuba ndiya kunohlwaya njengo-
kwesixakato sezenzo zenu, utsho UYEHOVA;
ndandiya kupemba umlilo ehlatini layo,
oya kuzidhla zonke innqele zayo.

22 UTSHO UYEHOVA ukuti: Yihla uye
endhlwini yokumkani wo-Juda, utete
kona elilizwi, 2 uti: Yiva ilizwi LIKAYE-
HOVA, kumkani wo-Juda, ohleli pezu kwe-
terone ka-Davide! wena, nezicaka zako,
nabantu bako, abangenayo ngalamasango!
3 Utsho UYEHOVA ukuti:

Yenzani ubugwebo nobulungisa, nimhla-
ngule opangiweyo esandhleni sombande-
zeli: owasemzini, inkedama, nomhlolokazi
ningabapati kakubi, ningabenzi ubudhlwe-
ngu; negazi elingenatyala ningalipalazi
kulendawo. 4 Ngokuba nxa nimana u-
kwenza lento, kuya kwandula kungene
ngamasango alendhlu okumkani behlalele
u-Davide pezu kweterone yake, bekwelo
ezinnqwelweni nasemahasheni, yena, izi-
caka zake, nabantu bake. 5 Kodwa ukuba
aniyi kuva lamazwi, ndiyazifunga mina,
utsho UYEHOVA, okokuba indhlu le yoba
yingcitakalo. 6 Ngokuba esitsho UYEHOVA
ngayo indhlu yokumkani wo-Juda, ukuti:
Wena uyi-Gileyadi kumi, uyinkloko ye-
Lebanone; ngennyaniso ndiya kukwenza
inklango, izixeko ezingenabemi. 7 Ngo-
kuba ndiya kubahlula ngakuwe abatsha-
balalisi, abanye ngabanye benezixòbo zabo;
abaya kugaula isedare zako ezidhlulisile-
yo, baziposo emlilweni. 8 Zaye izizwe
ezininzi ziya kudhlula ngakuso esisixeko,
bati *abantu* omnye kwomnye: Kungennxa
yanina enje nje UYEHOVA kwesisixeko si-
kulu? 9 Babeya kuti: Kungennxa yoku-
ba bebeshiya ucebano LUKAYEHOVA, UTIXO
wabo, babedesha otixo bambi, babakonza.
10 Ningamlileli ofileyo, ningamncwi-
neli kanjako: kolisani ukulilela lowo
umkayo; ngokuba engasayi kubuya, neli-
zwe lokuzalwa kwake akayi kulibona. 11
Ngokuba esitsho UYEHOVA ngaye u-Sha-
lume unyana ka-Josiya ukumkani wo-Juda,
obengukumkani esikundhleni sika-Josiya
uyise, owapuma kulendawo, ukuti: Aka-
sayi kubuyela kona; 12 koko aya kufela
endaweni apo bamfudusele kona, nelilizwe
akayi kubuya alibone.
13 Kwoba nzima kuye owakayo indhlu
yake ngokungalungileyo, nenkambili za-
pezulu zake ngokungafanelekileyo; oko-
nzisayo ummelwane wake ngokungento,
nemvuzo wake akawuniki kuye; 14 oti:
Ndiya kuzakela indhlu enkulu, nenkambili
zapezulu ezibanzi; ozicandelayo ifenstile;
ifulelwe ngesedare, iqatyiwe ngeqabo eli-
bomvu. 15 Uya kupata ubukumkani na
ngokuba uzondelela isedare? akati na uyi-
hlo wako wadhla wasela, wenza ubugwebo
nobulungisa? oko kwakulungile kuye. 16
Walungisa ityala lehlwempu nosweleyo;
oko kwakulungile *kuye:* asi kuko oku na
ukundazi mina? utsho UYEHOVA. 17 Ko-
dwa amehlo ako nenkliziyo yako zipezu
kwempango yako kupela, napezu kwegazi
elingenatyala, ukuba ulipalaze, napezu
kwokubandezela nokuncinezela, ukuba
wenze *ngako.* 18 Ngako oko utsho UYE-
HOVA ngaye u-Yoyakime unyana ka-Josiya
ukumkani wo-Juda, ukuti: Abayi kumli-
lela ngokuti: Au, mkuluwe wami! no-
kuti: Au, dade! abayi kumlilela *ngokuti:*
Au, nkosi! nokuti: Au, ubungangamsha
bake! 19 Uya kuncwatywa ngokuncwa-
tywa kweqwarashe; uya kurolwa alahlwe
ngasele kwamasango e-Yerusaleme.
20 Nyuka i-Lebanone, udanduluke;
nase-Bashane kupa ilizwi lako, udanduluke
e-Habarime: ngokuba bonke abatandwa
bako batiwe shwaqe. 21 Ndateta kuwe
ekwonwabeni kwako; wabusiti: Andiyi
kuva. Yiyo le indhlela yako kwa sebu-
tsheni bako, yokuba akulivanga ilizwi
lami. 22 Bonke abalusi bako ummoya
uya kubadhla, nabatandwa bako boya eku-
tinjweni; ngennyaniso oko uya kudana,
uviswe ihlazo ngennxa yayo yonke inko-
hlakalo yako. 23 Wena uhlalayo e-Leba-
none, owenza indhlu yako emitini yese-
dare! kwoba njanina ukukedameleka
kwako kwakuza pezu kwako innimba, ubu-
hlungu njengobomfazi oza kuzala!
24 Ndihleli nje, utsho UYEHOVA, nakuba
u-Koniya unyana ka-Yoyakime ukumkani
wo-Juda ebengumsesane wokuncamatisela



University of Fort Hare
Together in Excellence

pezu kwesandhla sami sokunene, bendiya
kukuncotula kona, 25 ndikunikele esa-
ndhleni sabo babufunayo ubomi bako, na-
sesandhleni sabo uboyikayo, kwa sesa-
ndhleni sika-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone, nasesandhleni sama-Kaledine.
26 Ndandiya kugxota wena, nonyoko wako
okuzeleyo, niye kwelinye ilizwe, apo be-
ningazalwa kona; nalapo niya kufa. 27
Kodwa elizweni apo balangazelela ukubu-
yela kona, abayi kubuyela kona. 28 Le-
ndoda u-Koniya ingumpanda odeliweyo
oqekekileyo na? isisitya kungeko innya-
mekelo na kuso? kunganina ukuba bagxo-
tiwe, yena nenzalo yake, nokuba balahlo-
lwe elizweni abangalaziyo? 29 Wena
'mhlaba! 'mhlaba! 'mhlaba! yiva ilizwi
LIKAYEHOVA. 30 Utsho UYEHOVA ukuti:
Bàlani lendoda eyengenabantwana, indoda
engayi kutamsanqeleka emihleni yayo;
ngokuba kungayi kutamsanqeleka nam-
nye kwinzalo yayo, ehlala pezu kwete-
rone ka-Davide, esapata ubukumkani kwa-
Juda.

23 Kwoba nzima kubo abalusi abazibu-
bisayo abaziti sa igusha zedhlelo lami!
utsho UYEHOVA. 2 Ngako oko utsho UYE-
HOVA, UTIXO wo-Sirayeli, pezu kwabalusi
ababalusa abantu bami, ukuti: Nina nizite
sa igusha zami, nazigxota, anizilindanga
ke; bona ke, ndiya kunohlwaya ngennxa
yenkohlakalo yezenzo zenu, utsho UYEHOVA.
3 Kodwa ndiya kubuta isisalela segusha
zami kuwo onke amazwe apo endizigxotele
kona; ndandiya kuzibuyisela emariweni
azo, zaziya kucuma zande. 4 Ndandiya
kubamisa pezu kwazo abalusi abaya kuza-
lusa; aziyi kubuya zoyike, aziyi kwetuswa,
aziyi kuba zingeko kanjako, utsho UYE-
HOVA.

5 Bona ke, imihla iyeza, utsho UYEHOVA,
ukuba ndiya kuvusela u-Davide isebe eli-
lungileyo, nokuba ukumkani uya kupata
ubukumkani alungiseke, enze ubugwebo
nobulungisa emhlabeni. 6 Emihleni yake
u-Juda uya kusindiswa, no-Sirayeli wohlala
ekunqabeni: negama lake, aya kubizwa
ngalo, leli *lokuti:* UYEHOVA UBULUNGISA
BETU. 7 Ngako oko, bona ke, imihla iyeza,
uxa bangayi kubuya bati: UYEHOVA uhleli,
owenyusayo usapo luka-Sirayeli ezweni
le-Jipete; 8 koko *beya kuti:* UYEHOVA u-
hleli, oyinyusileyo, oyingenisileyo kanjalo,
inzalo yendhlu ka-Sirayeli ivela ezweni
lasenode, nasemazweni onke apo endibe
ndibagxotele kona; bazo bahlale kuwo
owabo umhlaba.

9 NGABO abaprofite: Yapukile inkli-
ziyo yami pakati kwami, ayazamazama
onke amatambo ami; ndinjengomntu onxi-
lileyo, nanjengendoda eyeyisiweyo yiveyi-
ne; ngennxa KAYEHOVA, nangennxa yama-
zwi ake angcwele. 10 Ngennyaniso ilizwe
lizele ngabarexezi; ngennyaniso ngennxa
yesiqalekiso ilizwe liyalila, amariwa
asenklango omile; ngokuba uhambo lwabo
lukohlakele, namandhla abo engalungile.
11 Ngennyaniso nomprofite nomperisite
bangabaginwa; kwa kuyo indhlu yami
ndifumene inkohlakalo yabo, utsho UYE-
HOVA. 12 Ngako oko indhlela yabo yoba
njengendawo ezibutelezi ebumnyameni ku-
bo; baya kugxotwa, bawe kuzo: ngokuba
ndiya kuzisa ilishwa pezu kwabo, umnyaka
wokwohlwoywa kwabo, utsho UYEHOVA.
13 Ndibonile ubudenge kubaprofite base-
Samariya: baprofitesha ngo-Bali, nabantu
bami babalahlekisa. 14 Nakubaprofite
base-Yerusaleme ndiyibonile into eyoyike-
kileyo; bayarexeza, bayahamba ebuxokini;
bayazomeleza izandhla zabayenzayo inko-
hlakalo kanjalo, kuze kungabiko namnye
oguqukayo enkohlakalweni yake; bona
bonke banjenge-Sodome kumi, nabemi bayo
njenge-Gomora. 15 Ngako oko utsho
UYEHOVA wemikosi pezu kwabaprofite
abo ukuti: Bona ke, ndiya kubadhlisa
umhlonyane, ndibaseze amanzi ennyo-
ngo; ngokuba kupumile kubaprofite base-
Yerusaleme ubuginwa ukuya kulo lonke
ilizwe.

16 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Ni-
ngapulapuli kuwo amazwi abaprofite aba-
profiteshayo kuni; bayanenza abangenda-
wo; bayateta umboniso weyabo inkliziyo,
ungaveli emlonyeni KAYEHOVA. 17 Bamana
besiti kubo abandidelayo: Utetile UYEHOVA,
uxolo lwobako kuni; nabo bonke abaha-
mbayo ngobulukuni benkliziyo yabo, bati
*kubo:* Akuyi kuza pezu kwenu nalinye
ilishwa. 18 Ngokuba ngubanina oke wema
esihlelweni SIKAYEHOVA, waza walinakana
umhlaumbi waliva ilizwi lake? ngubanina
ogqalileyo ilizwi lako, waliva nokuliva?
19 Bona ke, uqwitela LUKAYEHOVA lupumile
ngomsindo, uqwitela olujingajingayo; luya
kujingajingiswa pezu kwenkloko yabako-
hlakeleyo. 20 Ingqumbo KAYEHOVA ayiyi
kubuya, kude azenze, nakude azifeze izici-



University of Fort Hare

ngo zenkliziyo yake: ngeyasemva imihla
niya kukolisa ukuqonda oku. 21 Anditu-
manga abaprofite abo, kanti bona babale-
kile; anditetanga kubo, kanti bona bapro-
fiteshile. 22 Koko ukuba bebemi esihle-
lweni sami, ngebese bebavisile abantu
bami amazwi ami, babaguqula endhleleni
yabo ekohlakeleyo, nasenkohlakalweni ye-
zenzo zabo.
23 NdiNGUTIXO okufupi na, utsho UYE-
HOVA, ndingeNGUTIXO okude na kanjalo?
24 Umntu angazifihla na ezindaweni ezi-
fihlakeleyo, ukuba ndingamboni mina?
utsho UYEHOVA. Andizalisanga na izulu
nomhlaba? utsho UYEHOVA. 25 Ndikuvile
oko kutshiwo ngabaprofite, abaprofiteshayo
ubuxoki egameni lami, besiti: Ndipupile,
ndipupile. 26 Kude kube ninina kwobako
*oku* enkliziyweni yabaprofite abaprofitesha
ubuxoki, kwa abaprofite benkohliso yeyabo
inkliziyo? 27 abacamangayo ukuba baya
kwenza abantu bami balibale igama lami
ngamapupa abo, abawaxoxayo omnye
kwomnye, njengokuba oyise babo bebe-
libala igama lami ngo-Bali. 28 Umprofite
okunaye ipupa, makabalise ipupa; nalowo
ilizwi lami linaye, makalitete ilizwi lami
ngennyaniso. Iyinto nina innca kwinnqo-
lowa? utsho UYEHOVA. 29 Alinjalo na
ilizwi lami, njengomlilo, utsho UYEHOVA,
nanjengesando esiluti viti ulwalwa? 30
Ngako oko, bona ke, ndingakubo abapro-
fite, utsho UYEHOVA, abebàyo amazwi ami
omnye kwomnye. 31 Bona ke, ndinga-
kubo abaprofite, utsho UYEHOVA, abataba-
tayo ulwimi lwabo, bati: Utsho. 32 Bona
ke, ndingakubo abaprofitesha amapupa a-
buxoki, utsho UYEHOVA, abawaxoxayo, baze
balahlekise abantu bami ngelwimi zabo,
nangokuzidhla kwabo; ngokuba ndingaba-
tumanga, ndingabayalelanga kanjalo; nga-
ko abayi kubanceda ababantu nakanye,
utsho UYEHOVA.
33 Naxeshekweni baya kukubuza abantu
aba, umhlaumbi umprofite, umhlaumbi
umperisite, besiti: Uyinto nina umtwalo
KAYEHOVA? wandule ukuti kubo: Ngum-
twalo nina? owokuba ndonilahla, utsho
UYEHOVA. 34 Nomprofite, nomperisite,
nababantu, abaya kuti: Umtwalo KAYE-
HOVA; sendiya kuyohlwaya indoda leyo
nendhlu yayo. 35 Niya kutsho, omnye
ngomnye kummelwane wake, nomnye
ngomnye kumzalwana wake, ukuti: Yinto
nina ayipenduleyo UYEHOVA? nokuti: Yin-
to nina ayitetileyo UYEHOVA? 36 Kodwa
umtwalo KAYEHOVA aniyi kubuya niwuka-
nkanye; ngokuba ilizwi labanye ngabanye
loba ngumtwalo wabo; ekubeni niwatye-
kisile amazwi ake UTIXO opilileyo, UYEHOVA
wemikosi, UTIXO wetu. 37 Uya kutsho
kumprofite ukuti: Yinto nina akupendu-
lele yona UYEHOVA? nokuti: Yinto nina
ayitetileyo UYEHOVA? 38 Kodwa ukuba
niti: Umtwalo KAYEHOVA; kukona utsho
UYEHOVA ukuti: Ngeonxa yokuba nitota
elilizwi *lokuti:* Umtwalo KAYEHOVA; na-
ngona nditumile kuni, ndisiti: Aniyi kuti:
Umtwalo KAYEHOVA; 39 ngako oko, bona
ke, sendiya kugqibela ukunilibala; nda-
ndiya kulahla nina, nesixeko endasinikayo
kuni nakoyihlo benu, kwa sebusweni bami.
40 Ndandiya kubeka pezu kwenu isigxe-
kwa esingunapakade, nehlazo elingunapa-
kade, elingasayi kulityalwa.

24 UYEHOVA wandibonisa, kekaloku
nazi izitya zibini zemikiwane, zimi-
siwe pambi kwetempile KAYEHOVA, emveni
kwokuba u-Nebukanetsare, ukumkani we-
Babilone, ebefudusile u-Yekoniya, unyana
ka-Yoyakime, ukumkani wo-Juda, nenko-
sana zakwa-Juda, nemncibi, nabakandi, e-
Yerusaleme, wabazisa e-Babilone. 2 Esi-
nye isitya sibe sinemikiwane elungileyo
kakulu, njengemikiwane evutwa kuqala;
nesinye isitya sibe sinemikiwane emibi ka-
kulu, ebingenakudhliwa ngennxa yobubi
*bayo.* 3 Wayesiti UYEHOVA kumi: Ubona
'nto nina, Jeremiya? Ndaza ndati: Imiki-
wane; imikiwane elungileyo ilungile ka-
kulu, nemibi mibi kakulu, engenakudhliwa
ngennxa yobubi *bayo.*
4 Landula leza kumi ilizwi LIKAYEHOVA,
lisiti: 5 Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
ukuti: Njengayo lemikiwane elungileyo,
kwa njalo ndiya kuvuma abafudusiweyo
bakwa-Juda, endibandulule kulendawo
baye elizweni lama-Kaledine, kube kuku-
lunga *kwabo.* 6 Ngokuba ndiya kubeka
iliso lami pezu kwabo kube kukulunga,
ndibabuyisele kwelilizwe; ndize ndibake,
ndingabaciti, ndibatyale, ndingabadonyuli.
7 Ndandiya kubanika inkliziyo yokundazi,
ukuba mina ndiNGUYEHOVA; boba ngabantu
bami, ndoti mina ndibe NGUTIXO wabo:
ngokuba beya kubuyela kumi ngayo yonke
inkliziyo yabo.
8 Nanjengemikiwane emibi, engenaku-
dhliwa ngennxa yobubi *bayo,* ngennyaniso



University of Fort Hare

utsho UYEHOVA ukuti: Kwa njalo ndiya
kunikela u-Zedekiya ukumkani wo-Juda,
nenkosana zake, nesisalela sabase-Yerusa-
leme, abo basele kwelilizwe, nabo bahleli
ezweni le-Jipete; 9 ndoka ndibanikele
ekuzanyazanyisweni *nase*lishweni, kubo
bonke ubukumkani bomhlaba; babe sisi-
gxekwa nento yokuzekeliswa, ilizwi loku-
hlekisa nesiqalekiswa, kuzo zonke indawo
apo ndiya kubagxotela kona; 10 ndandiya
kutuma pakati kwabo isirele, indhlala, ne-
sifo esibubisayo, bade bagqitywe kulo-
mhlaba ndawunikayo kubo nakoyise babo.

25 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya ngabo
bonke abantu bakwa-Juda, ngomnya-
ka wesine ka-Yoyakime unyana ka-Josiya
ukumkani wo-Juda, obunguwo umnyaka
wokuqala ka-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone; 2 elona abeliteta u-Jeremiya
umprofite kubo bonke abantu bakwa-Juda,
nakubo bonke abemi base-Yerusaleme,
esiti:

3 Kwa kuwo oweshumi linesitatu um-
nyaka ka-Josiya unyana ka-Amoni uku-
mkani wo-Juda, kwada kwanamhla nje,
leminyaka imashumi mabini anesitatu, ili-
zwi LIKAYEHOVA libe lisiza kumi; ndaye
nditeta kuni, ndivuka kusasa nditeta, koko
ningapulapulanga. 4 Kanjalo UYEHOVA
utumile kuni zonke izicaka zake abaprofite,
evuka kusasa ezituma, kodwa anipulapula-
nga, nendhlebe yenu aniyitobelanga ukuva.
5 Zaye zisiti: Buyani ke, omnye ngomnye
endhleleni yake ekohlakeleyo, nakuyo
inkohlakalo yezenzo zenu, nize nihlale
emhlabeni awunikileyo UYEHOVA kuni na-
koyihlo benu kude kube ngunapakade. 6
Kanjalo ningalandeli otixo bambi, uku-
bakonza, nokubabedesha; nami ningandi-
qumbisi ngomsebenzi wezandhla zenu,
ndize ndinganenzi ububi. 7 Anipulapu-
langa mina noko, utsho UYEHOVA; ukuze
nindiqumbise ngomsebenzi wezandhla ze-
nu, bube bobenu ububi.

8 Ngako oko utsho UYEHOVA wemikosi
ukuti: Ngennxa yokuba ningapulapulanga
amazwi ami; 9 bona ke, ndiya kutuma
ndizitabate zonke izizalwane zasenode, u-
tsho UYEHOVA, no-Nebukanetsare ukumkani
we-Babilone, isicaka sami, ndibazise nga-
kulo elilizwe, nangakubo abemi balo, na-
ngakuzo zonke ezizizwe ezingqongayo,
ndizilahlele ekutshabalaleni, ndizenze into
yokutelwa nqa, neyokwenzelwa amakwelo,
nengcitakalo engunapakade. 10 Ndandiya
kupelisa kuzo ilizwi lomgcobo, nelizwi lo-
vuyo; ilizwi lomyeni, nelizwi lomtsha-
kazi; inklokoma yamatye okusila, noku-
kanya kwesibane. 11 Kanjalo elilizwe
lonke loba yingcitakalo, nento yokutelwa
nqa; nezizwe ezi zona ziya kukonza uku-
mkani we-Babilone iminyaka engamashumi
asixenxe. 12 Kwakuya kuti, nxa iminyaka
engamashumi asixenxe izalisekile, ndiya
kwohlwaya ukumkani we-Babilone, nesi-
zwe eso, utsho UYEHOVA, ngennxa yokuko-
hlakala kwabo, nelizwe lama-Kaledine,
ndimise lona libe yintshabalalo engunapa-
kade. 13 Ndandiya kuzisa pezu kwelizwe
elo onke amazwi ami endiwatetileyo nga-
kulo; konke okubàliweyo kulencwadi,
oko u-Jeremiya akuprofiteshile ngakuzo
zonke ezozizwe. 14 Ngokuba izizwe ezi-
ninzi nokumkani abakulu beya kuzikonzisa
kwa zona; ndandiya kuzivuza njengokwo-
kwenza kwazo, nanjengokwomsebenzi we-
zandhla zazo.

15 Ngokuba etshilo UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, kumi ukuti: Tabata indebe ye-
veyine yobuburalarume esandhleni sami,
uziseze ngayo zonke izizwe endikutumayo
kuzo; 16 ukuze zisele, zingcangcazele, zi-
geze nokugeza, ngennxa yesirele endiya
kusituma pakati kwazo. 17 Ndaza ndayi-
tabata indebe esandhleni SIKAYEHOVA, nda-
seza zonke izizwe abenditumile UYEHOVA
kuzo: 18 i-Yerusaleme, nezixeko zase-
Juda, nokumkani bayo, nenkosana zayo,
ukuzenza ingcitakalo, into yokutelwa nqa,
into yokwenzelwa amakwelo, nesiqaleki-
swa, njengokuba *kunjalo* namhla nje; 19
u-Faro ukumkani we-Jipete, nezicaka zake,
nenkosana zake, nabo bonke abantu bake;
20 nabo bonke abantu abadityanisiweyo,
nabo bonke okumkani belizwe le-Hutse,
nabo bonke okumkani belizwe lama-Fili-
stiya, ne-Ashekelone, ne-Gaza, ne-Hekrone,
nesisalela sabase-Ashedode; 21 i-Edome,
ne-Mowabi, nosapo luka-Hamoni; 22 nabo
bonke okumkani base-Tire, nabo bonke
okumkani base-Tsidone, nokumkani bezi-
qiti ezipesheya kwolwandhle; 23 i-Deda-
ne, ne-Tema, ne-Buze, nabo bonke abanqu-
nyulwe amancame *odevu*; 24 nabo bonke
okumkani base-Arabi, nabo bonke okumka-
ni babantu abadityanisiweyo, abahlala
enklango; 25 nabo bonke okumkani base-
Zimri, nabo bonke okumkani base-Helami,
nabo bonke okumkani base-Medi; 26 nabo



University of Fort Hare

bonke okumkani basenode, abakufupi na-
bakude, omnye kunye nomnye, nabo bonke
ubukumkani bomhlaba, obupezu kwobuso
behlabati: waye ukumkani we-Sheshaki
eya kusela emva kwabo. 27 Wauya kuti
kubo: Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti: Selani, ninxile, nihlanze,
niwe pantsi, ningabuyi nisuke, ngennxa
yesirele endiya kusituma pakati kwenu.
28 Kwakuya kuti, ukuba bayala ukuta-
bata indebe esandhleni sako kuselwe, uya
kwandula uti kubo: Utsho UYEHOVA wemi-
kosi ukuti: Niya kusela ngennyaniso. 29
Ngokuba, bona ke, ndiqala ukuzisa ububi
pezu kwesosixeko esibizwa ngegama lami,
nize nina nike nipatwe na njengokuba ni-
ngenatyala? Aniyi kupatwa njengokuba
ningenatyala; ngokuba ndiya kubiza isi-
rele ngakubo bonke abemi bomhlaba,
utsho UYEHOVA wemikosi.

30 Ngako wena woprofitesha ngakubo
onke lamazwi, uti kubo:

UYEHOVA uya kugquma kwa pezulu,
akupe ilizwi lake enklalweni yake eyin-
gcwele; uya kugquma kakulu pezu kwe-
kaya lake; isimemezo, njengesabaxovu-
layo *idreyive*, wosihlabela ngakubo bonke
abemi bomhlaba. 31 Ingxokozelo ifikile
esipelweni somhlaba; ngokuba UYEHOVA
enepike nezizwe, yena uya kupikisana no-
luntu lwonke; abo bakohlakeleyo uya ku-
banika esireleni, utsho UYEHOVA.

32 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti:
Bona ke, ilishwa liya kupuma kw*esinye*
isizwe liye kw*esinye* isizwe, noqwitela olu-
kulu luya kuvuswa emacaleni omhlaba.
33 Baye ababuleweyo BAKAYEHOVA beya
kubako ngomhla lowo kwa kw*ennye* innca-
me yomhlaba kude kube kw*ennye* inncame
yomhlaba; abayi kulilelwa, abayi kubu-
twa, abayi kunewatywa, boba ngumgquba
pezu kwobuso bomhlaba. 34 Lilani, nina
'balusi! nikale; niqikaqikeke *elutulini*, nina
'zinkosi zomhlambi! ngokuba imihla yenu
yokubulawa izalisekile, nokutiwa sa kwe-
nu, naniya kuwa njengesitya esinqwenele-
kileyo. 35 Yoti intsabo itshabalale kuba-
lusi, nentsindo kwinkosi zomhlambi. 36
Kwobako ilizwi lesikalo sabalusi, nesililo
senkosi zomhlambi, ngokuba UYEHOVA eci-
takalisa idhlelo labo. 37 Ewe, amariwa
oxolo abuqiwe, ngennxa yobushushu ben-
gqumbo KAYEHOVA. 38 Ulushiyile, nje-
ngengonyama entsha, udada lwake; ngo-
kuba ilizwe labo liyintshabalalo, ngennxa
yomsindo wombandezeli, nangennxa yobu-
shushu bengqumbo yake.

26 EKUQALENI kwobukumkani buka-
Yoyakime unyana ka-Josiya ukumka-
ni wo-Juda, lavela elilizwi KUYEHOVA, lisiti:
2 Utsho UYEHOVA ukuti: Yima ebaleni
lendhlu KAYEHOVA, uwatete kuzo zonke izi-
xeko zakwa-Juda, ezizayo ukubedesha en-
dhlwini KAYEHOVA, onke amazwi endiku-
yaleleyo ukuba uwatete kuzo: ungapu-
nguli nalizwi. 3 Umhlaumbi baya kuva,
baguquke abanye ngabanye endhleleni
yabo ekohlakeleyo, ukuze ndibe nosizi
pezu kwobubi endicingileyo ukubenzela
bona, ngennxa yenkohlakalo yezenzo zabo.
4 Wauya kuti kubo: Utsho UYEHOVA uku-
ti: Ukuba aniyi kupulapula kumi, ukuha-
mba ngomteto wami endiwumisileyo pambi
kwenu; 5 ukupulapula kuwo amazwi ezi-
caka zami abaprofite, endizitumileyo kuni,
ndivuka kusasa nje ndizituma, koko ninga-
pulapulanga; 6 ndiya kwandula ndiyenze
indhlu le njenge-Shilo, nesisixeko ndiya
kusenza sibe sisiqalekiswa kuzo zonke izi-
zwe zomhlaba.

7 Kekaloku abaperisite, nabaprofite, nabo
bonke abantu, bebesiva u-Jeremiya eteta
lamazwi endhlwini KAYEHOVA. 8 Kwaza
kwati, nxa abegqibile u-Jeremiya ukuteta
konke UYEHOVA abemyalele ukuba akutete
kubo bonke abantu, bandula abaperisite,
nabaprofite, nabo bonke abantu, bambamba,
besiti: Uya kufa ngennyaniso. 9 Yinina
ukuba uprofiteshile ngegama LIKAYEHOVA,
usiti: Lendhlu yoba njenge-Shilo, nesisi-
xeko socitakaliswa, singabi nabemi? Baye
bonke abantu behlanganisene ngakuye u-
Jeremiya endhlwini KAYEHOVA.

10 Zati inkosana zakwa-Juda zakuva
ezizinto, zenyuka kuyo indhlu yokumkani
zaya endhlwini KAYEHOVA, zahlala pantsi
emnyango wesango elitsha *lendhlu* KAYE-
HOVA. 11 Baza abaperisite nabaprofite
bateta kuzo inkosana, nakubo bonke aba-
ntu, besiti: Ifanelwe ngumgwebo wokufa
indoda le; ngokuba iprofiteshile ngakuso
esisixeko, njengokuba nivile ngendhlebe
zenu.

12 Wandula wateta u-Jeremiya kuzo
zonke inkosana, nakubo bonke abantu,
esiti: UYEHOVA wanditumа ukuza kuprofi-
tesha ngakuyo indhlu le, nangakuso esisi-
xeko, onke amazwi eniwavileyo. 13 Ngako
kaloku, lungisani indhlela zenu nezenzo



University of Fort Hare
Together in Excellence

zenu, nipulapule ilizwi LIKAYEHOVA, UTIXO
wenu, ukuba UYEHOVA abe nosizi ngabo
ububi abutetileyo ngakuni. 14 Mina ka-
mbe, nanku ndisesandhleni senu; yenzani
kumi njengokulungileyo nanjengokufane-
leyo emehlweni enu. 15 Kodwa qinisani
ukwazi, okokuba, nxa nindifisayo, oku-
nene igazi elingenatyala nolizisa pezu
kwenu, napezu kwesisixeko, napezu kwa-
bemi baso; ngokuba ngennyaniso UYEHOVA
enditumile kuni, ukuza kuteta onke lama-
zwi ezindhlebeni zenu.
16 Zaza zati inkosana, nabo bonke aba-
ntu, kubaperisite nakubaprofite: Lendoda
ayifanelwe ngumgwebo wokufa, ngokuba
itetile kuti ngegama LIKAYEHOVA, UTIXO
wetu.
17 Andula esuka amadoda akubo aba-
dala belizwe, ateta kuyo yonke inklanga-
niso yabantu, esiti: 18 u-Mika, um-More-
shete, ebeprofitesha emihleni ka-Hezekiya
ukumkani wo-Juda, wateta kubo bonke
abantu bakwa-Juda, esiti: Utsho UYEHOVA
wemikosi ukuti: i-Ziyone iya kukutyelwa
*njeng*entsimi, ne-Yerusaleme yoba zimfu-
mba, nentaba yalendhlu yoba yimimango
ebuhlati. 19 Kanene u-Hezekiya uku-
mkani wo-Juda, nabo bonke o-Juda, bake
bamfisa na? akamoyikanga UYEHOVA na,
wabongoza ubuso BUKAYEHOVA, wada UYE-
HOVA waba nosizi ngabo ububi abebutetile
ngakubo? Besiya kuyenza inkohlakalo
enkulu ngakuyo eyetu imipefumlo.
20 Kwaye kuko kanjalo indoda ebiprofi-
tesha ngegama LIKAYEHOVA, u-Huriya, u-
nyana ka-Shemaya wase-Kiriyate-yarime,
owaprofitesha ngakuso esisixeko, nanga-
kulo elilizwe, njengawo onke amazwi ka-
Jeremiya: 21 wati akuva ukumkani u-Yo-
yakime, nawo onke amaroti ake, nazo zonke
inkosana, amazwi ake, wafuna ukumkani
ukumfisa; kodwa kwakuviwa ngu-Huriya,
waza woyika, wesaba, wafika e-Jipete.
22 Koko ukumkani u-Yoyakime wasusa
amadoda ukuya e-Jipete, u-Elinatane u-
nyana ka-Hakebore, namadoda *atile* kunye
naye, ukuya e-Jipete. 23 Ada ampumisa
u-Huriya e-Jipete, amzisa kuye ukumkani
u-Yoyakime, owambulala ngesirele, waposa
isidumbu sake emancwabeni osapo lwa-
bantu.
24 Kodwa isandhla sika-Ahikame, unya-
na ka-Shafane, sibe sinaye u-Jeremiya,
ukuze anganikelwa esandhleni sabantu
ukuba bamfise.

27 EKUQALENI kwobukumkani buka-
Yoyakime unyana ka-Josiya ukumka-
ni wo-Juda, leza elilizwi ku-Jeremiya li-
vela KUYEHOVA, lisiti: 2 Utsho UYEHOVA
kumi ukuti: Zenzele izinxibo neyokwe,
uzifake entanyeni yako. 3 Uti kanjalo
uzitume kukumkani we-Edome, nakuku-
mkani we-Mowabi, nakukumkani wosapo
luka-Hamoni, nakukumkani we-Tire, na-
kukumkani we-Tsidone, ngesandhla sezi-
gidimi ezizayo e-Yerusaleme ku-Zedekiya
ukumkani wo-Juda; 4 uze uziyalele ukuti
kwinkosi zazo: Utsho UYEHOVA wemikosi,
UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Niya kutsho
kwinkosi zenu ukuti: 5 Mina ndenzile
umhlaba, abantu nezilo ezipezu kwobuso
bomhlaba, ngamandhla ami amakulu, na-
ngengalo yami eyolulweyo, ndandiwuni-
kile kulowo ebekufanele emehlweni ami.
6 Nakaloku, sendinikele onke lamazwe
esandhleni sika-Nebukanetsare ukumkani
we-Babilone, isicaka sami; namaramncwa
asendhle ndimnikile kwa wona, ukuba
amkonze. 7 Zonke izizwe ziya kukonza
yena, nonyana wake, nonyana wonyana
wake, kude kufike ixesha lelizwe lake
nalo: oko ziya kumkonzisa izizwe ezininzi
nokumkani abakulu. 8 Kwaye kuya kuti,
isizwe nobukumkani ezingayi kukonza
yena u-Nebukanetsare ukumkani we-Babi-
lone, nesingayi kufaka intamo yaso eyo-
kweni yokumkani we-Babilone, ndiya ku-
beta isizwe eso, utsho UYEHOVA, ngesirele,
nangendhlala, nangesifo esibubisayo, ndide
ndibagqibe ngesandhla sake.
9 Nina ngoko ningapulapuli kubapro-
fite benu, nakubalauli benu, nakubapupi
benu, nakumatola enu, nakwizanuse zenu,
abatshoyo kuni, besiti: Aniyi kukonza
ukumkani we-Babilone. 10 Ngokuba bona
beprofitesha ubuxoki kuni, ukuze nifudu-
swe kude elizweni lenu, nokuba ndinigxo-
te, nize nibube. 11 Kanti isizwe esiya
kungenisa intamo yaso eyokweni soku-
mkani we-Babilone, simkonze, ndiya ku-
salisa sona emhlabeni waso, utsho UYEHOVA,
sasiya kuwulima, sihlale kuwo.
12 Ndateta naku-Zedekiya ukumkani
wo-Juda, njengawo onke lamazwi, ndisiti:
Ngenisani intamo zenu eyokweni yoku-
mkani we-Babilone, nikonze yena nabantu
bake, nidhle ubomi. 13 Kuyinina ukuba
niya kufa, wena nabantu bako, ngesirele,
ngendhlala, nangesifo esibubisayo, njengo-
kuba UYEHOVA etetile ngakuso isizwe esi-



University of Fort Hare

ngayi kumkonza ukumkani we-Babilone?
14 Ngako ningapulapuli amazwi abaprofite
abateta kuni, besiti: Aniyi kumkonza
ukumkani we-Babilone; ngokuba bona
beprofitesha ubuxoki kuni. 15 Ngokuba
ndingabatumanga, utsho UYEHOVA, koko
beprofitesha egameni lami ngobuxoki, u-
kuze ndinigxote, nize nibube, nina naba-
profite abaprofiteshayo kuni.
16 Ndateta nakubaperisite, nakubo bo-
nke ababantu, ndisiti: Utsho UYEHOVA
ukuti: Ningapulapuli amazwi abaprofite
benu, abaprofiteshayo kuni, besiti: Bona
ke, impahla zendhlu KAYEHOVA ziya kubu-
yiswa e-Babilone kaloku kamsinyane;
ngokuba bona beprofitesha ubuxoki kuni.
17 Ningapulapuli kubo; konzani uku-
mkani we-Babilone, nidhle ubomi: ku-
yinina ukuba esisixeko sibe linxuwa?
18 Pofu ukuba bangabaprofite, nokuba ili-
zwi LIKAYEHOVA liko nabo, mabake bata-
ndazele KUYEHOVA wemikosi, ukuba impa-
hla eziseleyo endhlwini KAYEHOVA, nasen-
dhlwini yokumkani wo-Juda, nase-Yerusa-
leme, zingayi e-Babilone. 19 Ngokuba
esitsho UYEHOVA wemikosi ngazo intsika,
nangalo ulwandhle, nangazo izikondo, na-
ngesisalela sempahla eziseleyo kwesisi-
xeko, 20 ezo u-Nebukanetsare ukumkani
we-Babilone angazitabatanga, nxa wafudu-
sayo u-Yekoniya unyana ka-Yoyakime uku-
mkani wo-Juda e-Yerusaleme ukuya e-
Babilone, nayo yonke imiduna yakwa-Juda
neyase-Yerusaleme: 21 ewe, utsho UYE-
HOVA wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, ngazo
impahla eziseleyo endhlwini KAYEHOVA,
nasendhlwini yokumkani wo-Juda, nase-
Yerusaleme, ukuti: 22 Ziya kusiwa e-
Babilone, zibeko kwa kona kude kube
ngumhla wokuzikangela kwami, utsho U-
YEHOVA; oko ndiya kuzinyusa, ndizibuyi-
sele kulendawo.

28 Kwaye kute kwa ngalomnyaka, eku-
qaleni kwobukumkani buka-Zedekiya
ukumkani wo-Juda, ngowesine umnyaka,
ngenyanga yesihlanu, wateta kumi u-
Hananiya unyana ka-Hazure umprofite,
owase-Gibeyone, endhlwini KAYEHOVA, pa-
mbi kwamehlo abaperisite nabo bonke
abantu, esiti: 2 Utsho UYEHOVA wemikosi,
UTIXO wo-Sirayeli, esiti: Ndiyapule iyokwe
yokumkani we-Babilone. 3 Kungekapeli
iminyaka mibini ndiya kubuyisela kule-
ndawo zonke impahla zendhlu KAYEHOVA,
owati u-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone wazisusa kulendawo, wazisa e-
Babilone. 4 Naye u-Yekoniya unyana ka-
Yoyakime ukumkani wo-Juda, nabo bonke
abatinjwa bakwa-Juda abaya e-Babilone,
ndobabuyisela kulendawo, utsho UYEHOVA:
ngokuba ndiya kuyapula iyokwe yoku-
mkani we-Babilone.
5 Wandula u-Jeremiya umprofite wati
ku-Hananiya umprofite, pambi kwamehlo
abaperisite, napambi kwamehlo abantu
bonke abebemi endhlwini KAYEHOVA, 6
ewe, wati u-Jeremiya umprofite: Amene,
makenje njalo UYEHOVA! makafeze UYEHOVA
amazwi ako uwaprofiteshileyo, ngokubu-
yisa impahla zendhlu KAYEHOVA, nabo bo-
nke abatinjwa, e-Babilone, beze kulenda-
wo! 7 Kodwa yiva ke elilizwi endilite-
tayo ezindhlebeni zako, nasezindhlebeni
zabantu bonke: 8 Abaprofite abebepambili
kumi napambili kuwe kudala, baprofitesha
nabo ngakuwo amazwe amaninzi, nanga-
kubo ubukumkani obukulu, ngemfazwe,
nangelishwa, nangesifo esibubisayo. 9 Um-
profite oprofiteshayo ngoxolo, lakuza ku-
bako ilizwi lomprofite, uyaziwa umprofite
lowo, ngokuba UYEHOVA emtumile ngen-
nyaniso.
10 Waza u-Hananiya umprofite wayi-
susa iyokwe entanyeni ka-Jeremiya um-
profite, wayapula. 11 Wayeteta u-Hana-
niya pambi kwamehlo abantu bonke, esiti:
Utsho UYEHOVA ukuti: Ngokunjalo ndiya
kuyapula iyokwe ka-Nebukanetsare uku-
mkani we-Babilone, kungekapeli iminyaka
mibini, kwa sentanyeni yazo zonke izizwe.
Wasuka u-Jeremiya umprofite wahamba
ngendhlela yake.
12 Koko ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya, emveni kwokuba u-Hananiya
umprofite ebeyapule iyokwe entanyeni
ka-Jeremiya umprofite, lisiti: 13 Hamba
utete ku-Hananiya, usiti: Utsho UYEHOVA
ukuti: Iyokwe zemiti uzapule, kodwa uya
kuzenza esikundhleni sazo iyokwe zesi-
ncete. 14 Ngokuba esitsho UYEHOVA we-
mikosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Iyokwe
yesincete ndiyifakile entanyeni yezizizwe
zonke, zize zimkonze u-Nebukanetsare
ukumkani we-Babilone; zaziya kumkonza
ke: kanjako namaramncwa asendhle ndi-
wanikile kuye.
15 Waza u-Jeremiya umprofite wati ku-
Hananiya umprofite: Yiva ke, Hananiya!
UYEHOVA akakutumanga; kodwa wena uya-
tembisa ababantu ebuxokini. 16 Ngako



University of Fort Hare

oko utsho UYEHOVA ukuti : Bona ke, ndiya
kukundulula ebusweni bomhlaba ; lomnya-
ka uya kufa, ngokuba utetile impambuko
ngakuyo UYEHOVA. 17 Waza u-Hananiya
umprofite wafa ngalomnyaka, ngenyanga
yesixenxe.

29 KEKALOKU ngawo la amazwi en-
ncwadi, owayisusayo u-Jeremiya um-
profite e-Yerusaleme ukuya kwisisalela
sabadala bakubatinjwa, nakubaperisite, na-
kubaprofite, nakubo bonke abantu abeba-
fudusile u-Nebukanetsare e-Yerusaleme
ukuya e-Babilone ; 2 emveni kwokuba u-
Yekoniya ukumkani, nokumkanikazi, na-
babusi, inkosana zakwa-Juda nezase-Yeru-
saleme, nenncibi, nabakandi, bebepumile
e-Yerusaleme ; 3 ngesandhla sika-Elehasa
unyana ka-Shafane, no-Gemariya unyana
ka-Hilikiya, abebetunywa ngu-Zedekiya
ukumkani wo-Juda ukuya e-Babilone ku-
Nebukanetsare ukumkani we-Babilone,
esiti :

4 Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-
Sirayeli, kubo bonke abatinjwa endibenzi-
leyo ukuba bafuduswe e-Yerusaleme uku-
ya e-Babilone, ukuti : 5 Zakeni izindhlu,
nihlale *kuzo* ; tyalani izitiya, nitye iziqamo
zazo ; 6 zekani abafazi, nizale onyana
nentombi, nitabatele onyana benu abafazi,
nentombi zenu nizendise kumadoda, ukuba
bazale onyana nentombi ; nize nande kona,
ningancitshiswa. 7 Niti kanjalo nifune
uxolo lwesixeko apo ndinenzile ukuba ni-
fuduselwe kona, nisitandazele KUYEHOVA ;
ngokuba eluxolweni lwaso niya kuba no-
xolo nina.

8 Ngokuba esitsho UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti : Mabanganikohlisi abapro-
fite benu, abapakati kwenu, nabalauli
benu ; ningapulapuli kuwo amapupa enu,
eniwenza aputshwe. 9 Ngokuba beprofi-
tesha kuni egameni lami ngobuxoki ; andi-
batumanga, utsho UYEHOVA.

10 Ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti :
Xeshekweni iminyaka engamashumi asi-
xenxe iya kuzalisekiswa e-Babilone, ndiya
kwandul' ukutyelela kuni, ndinifezele
ilizwi lami elilungileyo, ngokunibuyisela
kulendawo. 11 Ngokuba ndisazi izicingo
endizicingayo ngakuni, utsho UYEHOVA,
izicingo zoxolo, zingezizo ezobubi, ukuba
ndininike ukupela okunetemba. 12 Oko
niya kubiza mina, niye nitandaze kumi ;
ndandiya kuniva. 13 Nondifuna ke, ni-
ndifumane, nxa nindibuzayo ngayo yonke
inkliziyo yenu. 14 Ndandiya kufunyanwa
nini, utsho UYEHOVA, ndibuyise ukutinjwa
kwenu, ndinibute kuzo zonke izizwe, na-
kuzo zonke indawo, apo ndinigxotele kona,
utsho UYEHOVA ; ndandiya kunibuyisela
endaweni, apo ndanenza ukuba nifuduswe
kwa kona.

15 Ekubeni niti : UYEHOVA usivusele
abaprofite e-Babilone ; 16 kukona UYEHOVA
atsho ukuti ngokumkani ohleli eteroneni
ka-Davide, nangabo bonke abantu abahleli
kwesisixeko, abazalwana benu abangapu-
manga nani ukuya ekutinjweni ; 17 utsho
UYEHOVA wemikosi ukuti : Bona ke, ndiya
kutuma pakati kwabo isirele, indhlala, ne-
sifo esibubisayo, ndibenze njengemikiwane
etyeketyeke, engenakudhliwa ngenxa yo-
bubi *bayo*. 18 Ndandiya kubaputuma nge-
sirele, ngendhlala, nangesifo esibubisayo,
ndibanikele ekuzanyazanyisweni kubo bo-
nke ubukumkani bomhlaba, babe sisiqale-
kiswa, nento yokutelwa nqa, neyokwenze-
lwa amakwelo, nesigxekwa, pakati kwazo
zonke izizwe apo ndibagxotele kona : 19
ngendawo yokuba bengapulapulanga ama-
zwi ami, utsho UYEHOVA, okuya ndatuma
kubo izicaka zami abaprofite, ndivuka ku-
sasa ndizituma ; kodwa anipulapulanga,
utsho UYEHOVA.

20 Ngako yivani ilizwi LIKAYEHOVA,
nonke nina 'batinjwa, endibandululeyo e-
Yerusaleme ukuya e-Babilone ! 21 Utsho
UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, nga-
ye u-Ahabi unyana ka-Kolaya, nangaye u-
Zedekiya unyana ka-Mahaseya, abaprofi-
tesha kuni ubuxoki ngegama lami : Bona
ke, ndiya kubanikela esandhleni sika-
Nebukanetsare ukumkani we-Babilone,
oya kubabulala pambi kwamehlo enu. 22
Kwakuya kutatyatwa kwa kubo isiqale-
kiso, ngabo bonke abatinjwa bakwa-Juda
abase-Babilone, sokuti : UYEHOVA maka-
kwenze njengo-Zedekiya nanjengo-Ahabi,
abebesojwa ngukumkani we-Babilone em-
lilweni ; 23 ngenxa yokuba benzile oku-
hlazekileyo kwa-Sirayeli, barexeza abafazi
babamelwane babo, bateta amazwi nge-
gama lami ngobuxoki, endingabayalelanga
wona : ndiyazi ke mina, ndilinqina, utsho
UYEHOVA.

24 Nakuye u-Shemaya um-Nehelami,
uya kutsho usiti : 25 Utsho UYEHOVA wemi-
kosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti : Ngenxa
yokuba uzitumile incwadi ngegama lako



University of Fort Hare

kubo bonke abantu abase-Yerusaleme, naku-
ye u-Tsefaniya unyana ka-Mahaseya umpe-
risite, nakubo bonke abaperisite, usiti : 26 U-
YEHOVA ukwenzile umperisite esikundhleni
sika-Yoyada umperisite, kuze kubeko abo-
ngama endhlwini KAYEHOVA, ngennxa yosu-
kuba egeza, nosukuba ezenzisa umprofite,
ukuba umfake entolongweni nasemitini
yokubamba. 27 Ngako kaloku kunganina
ukuba akukalimelanga u-Jeremiya um-
Hanatote, ozenzisayo umprofite kuni? 28
Ngokuba ngennxa yoku etumile kuti e-
Babilone, esiti : Kwoba kade oku*kutinjwa ;*
zakeni izindhlu, nihlale *kuzo ;* tyalani izi-
tiya, nitye iziqamo zazo. 29 Waye u-
Tsefaniya eleseshile lennewadi ezindhle-
beni zika-Jeremiya umprofite.
30 Landula ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya, lisiti : 31 Tuma kubo bonke
abasekutinjweni, usiti : Utsho UYEHOVA
ngaye u-Shemaya um-Nehelami, ukuti :
Ngennxa yokuba u-Shemaya eprofiteshile
kuni, nxa bendingamtumanga mina, noku-
ba enitembisile ebuxokini ; 32 ngako oko
utsho UYEHOVA ukuti : Bona ke, ndiya kwo-
hlwaya u-Shemaya um-Nehelami, nenzalo
yake ; akuyi kubako kuye namnye ehlala pa-
kati kwababantu, nalonto elungileyo endi-
ya kuyenzela abantu bami akayi kuyibona,
utsho UYEHOVA ; ngokuba etetile impambu-
ko ngakuye UYEHOVA.

30 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, lisiti : 2 Utsho UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, ukuti : Zibàlele onke
amazwi endiwatetileyo kuwe ennewadini.
3 Ngokuba, bona ke, imihla isiza, utsho
UYEHOVA, nxa ndiya kubuyisa ukutinjwa
kwabantu bami o-Sirayeli no-Juda, utsho
UYEHOVA ; ndandiya kubabuyisela elizweni
endalinikayo koyise babo, baze balifuye.
4 Kekaloku ngawo la amazwi awatetileyo
UYEHOVA ngo-Sirayeli nango-Juda.
5 Ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti : Ili-
zwi lokunkwantyisa silivile ; kuko ulwo-
yiko, kungeko uxolo. 6 Buzani ke, 'ni-
bone, ukuba umntu oyindoda uyazala na?
Kunganina ukuba ndibona amadoda onke
enezandhla zawo esinqeni sawo, njengom-
fazi oza kuzala, nokuba ubuso bonke
buguqulwe baba 'bumhlope ? 7 Au! ngo-
kuba lowamhla umkulu, kude kungabiko
ofana nawo ; lixesha lobunzima ku-Yakobi,
oya kusindiswa kulo noko.
8 Ngokuba kuya kuti ngalowamhla,
utsho UYEHOVA wemikosi, ndiya kwapula
iyokwe yake entanyeni yako, nezinxibo zako
ndoziqaula ; kanjalo abasemzini abayi ku-
buya bamkonzise. 9 Koko baya kukonza
UYEHOVA, UTIXO wabo, no-Davide ukumkani
wabo, lowo ndiya kumvusela bona. 10
Ngako wena, ungoyiki, sicaka sami 'Ya-
kobi! utsho UYEHOVA ; ungetuswa, Sira-
yeli! ngokuba, bona ke, ndiya kukusindisa
kwa kude, nenzalo yako elizweni lokuti-
njelwa kwako ; waeya kubuya u-Yakobi,
abe nokupumla, onwabe, kungeko oya
kumnkwantyisa. 11 Ngokuba ndinawe
mina, utsho UYEHOVA, ukuba ndikusindise ;
nangona ndikwenza ukugqitywa kuzo
zonke izizwe apo ndikute sa kona, andiyi
kwenzela wena ukugqitywa noko ; kodwa
ndiya kukwohlwaya ngokufanelekileyo,
ndingagqibeli ukukuyeka ungabi natyala.
12 Ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti :
Isapuko sako sesingenakupola, isibetwa
sako sibuhlungu. 13 Akuko otetelela
indawo yako, kuze kubotshwe ; amayeza
okupolisa akako kuwe. 14 Bonke abata-
ndwa bako bakulibele, ababuzi ngawe ;
ngokuba ndikubetile ngesibeto sotshaba,
ngesohlwayo sonobukali, ngennxa yobu-
ninzi benkohlakalo yako, *ngennxa yokuba*
izono zako zandile. 15 Ukalela nina pezu
kwesapuko sako ? ubuhlungu bako bobu-
ngenakupiliswa : ngennxa yobuninzi ben-
kohlakalo yako, *ngennxa yokuba* izono
zako zandile, ndizenze ezizinto kuwe.
16 Noko ke, bonke abakudhlayo baya
kudhliwa, nazo zonke intshaba zako, kwa
zona zonke, ziya kuya ekutinjweni ; baye
abo bakupangayo beya kuba yinto yoku-
pangwa, nabo bakufacayo ndobanikela
ekufacweni. 17 Ngokuba ndiya kubuyi-
sela ukupila kuwe, ndikupolisele amanxeba
ako, utsho UYEHOVA ; ngokokuba bakubiza
ngokuti uligxotwakazi, *besiti :* Yi-Ziyone
le, ekungeko obuzayo ngayo. 18 Utsho
UYEHOVA ukuti : Bona ke, ndiya kubuyisa
ukutinjwa kwentente zika-Yakobi, ndibe
netaru pezu kwenklalo zake ; isixeko siya
kwakiwa pezu kweyaso imfumba, nendhlu-
kazi iya kumiwa ngesiko layo. 19 Kwa-
kuya kupuma kuzo umbulelo, nelizwi
labanemigcobo : ndiya kubandisa, abayi ku-
ncitshiswa ; ndandiya kubenza babekwe,
abayi kudelwa. 20 Abantwana babo nabo
boba njengokwapambili, nenklanganiso
yabo yomiswa pambi kwami ; ndandiya
kubohlwaya bonke abancinezeli babo.



University of Fort Hare

21 Kanjalo usongcwalisa wabo woba ngo-
wakubo, nompati wabo uya kupuma kwa
pakati kwabo; ndiya kumsondeza, waeya
kuza kufupi kumi: pofu ngubanina lo oyi-
bambisileyo inkliziyo yake ukuza kufupi
kumi? utsho UYEHOVA. 22 Naniya kuba
ngabantu bami, ndoti mina ndibe NGUTIXO
wenu. 23 Bona ke, uqwitela LUKAYEHOVA
lupumile ngomsindo, uqwitela olukukuli-
sayo; luyakujingajingiswa pezu kwenklo-
ko yabakohlakeleyo. 24 Ingqumbo eshu-
shu KAYEHOVA ayiyi kubuya, kude azenze,
nakude azifeze izicingo zenkliziyo yake:
ngeyasemva imihla niya kuqonda oku.
31 Ngeloxesha, utsho UYEHOVA, ndoba
NGUTIXO kuzo zonke izizalwane zika-
Sirayeli, zoti zona zibe ngabantu bami.
2 Utsho UYEHOVA ukuti: Bafumene ufefe
enklango abantu abasindileyo kwisirele,
kwa o-Sirayeli, ndakuya ukubanika uku-
pumla. 3 Kudala UYEHOVA wabonakala
kumi, *wati:* Ewe, ndikutandile ngotando
olungunapakade; ngako oko ndikwolulele
ububele. 4 Ndobuya ndikwake, wauya
kwakiwa, ntombi ipela yakwa-Sirayeli!
uya kubuya uhonjwe ngentambula zako,
upumele emdudweni wabanemigcobo. 5
Uya kutyala kanjako imiyezo yemiti ye-
veyine ezintabeni zase-Samariya: abatyali
baya kutyala, nesiqamo baya kusidhla.
6 Ngokuba kuya kubako umhla, *nxa* aba-
lindi abasentabeni yakwa-Frayime baya
kubiza, *besiti:* Sukani, sinyuke siye e-
Ziyone, KUYEHOVA UTIXO wetu. 7 Ngo-
kuba esitsho UYEHOVA ukuti: Dandulukani
ngovuyo ngennxa yo-Yakobi, nimemeze
pakati kwesiyinkloko yezizwe; vakalisani,
dumisani, niti: Sindisa, YEHOVA! abantu
bako, isisalela so-Sirayeli. 8 Bona ke,
ndiya kubavelisa elizweni lasenode, ndi-
babute kwa semacaleni omhlaba: pakati
kwabo kwobako imfama neziqwala, omi-
tiyo noza kuzala kwa kunye; inklanga-
niso enkulu yobuyela apa. 9 Ngokulila
baya kuza, nangezikungo ndobakapa; ndi-
ya kubakokela ngasemilanjeni yama-
nzi, ngendhlela elungeleleneyo, abangayi
kukùbeka kuyo; ngokuba ndinguyise
ku-Sirayeli, no-Frayime ulizibulo lami
yena.
10 Yivani ilizwi LIKAYEHOVA, nina 'zi-
zwe! nishumayele eziqitini ezikude, niti:
Lowo owacitayo u-Sirayeli uya kumbuta,
amgcine njengokuba umalusi *egcina* um-
hlambi wake. 11 Ngokuba UYEHOVA
emkulule u-Yakobi; umhlangule esandhle-
ni salowo omandhla abemakulu kwawake.
12 Babeya kuza badanduluke pezu kwen-
dawo epezulu ye-Ziyone, bele ekulungeni
KUKAYEHOVA, ngennxa yennqolowa, nangen-
nxa yeveyine, nangennxa yeoli, nangennxa
yamatole egusha nawenkomo: woti umpe-
fumlo wabo ube njengomyezo oceneeshi-
weyo; abayi kupinda ukucubuka kanjako.
13 Oko intombi ipela iya kuvuya emdudwe-
ni, kwa namadodana namaxego kunye;
ngokuba ndiya kuguqula ukulila kwabo
kube ngumgcobo, ndibatutuzele, ndibavu-
yise emva kwosizi lwabo. 14 Ndandiya
kuhlutisa umpefumlo wabaperisite ngobu-
nqata, nabantu bami baya kukoliswa kuku-
lunga kwami, utsho UYEHOVA.
15 Utsho UYEHOVA ukuti: Ilizwi lava-
kala e-Rama, isikalo, isililo esiraru ku-
nene; u-Rakele elilela abantwana bake,
esala ukututuzelwa pezu kwabantwana
bake, ngokuba bengaseko. 16 Utsho UYE-
HOVA ukuti: Bamba ilizwi lako ekulileni, na-
mehlo ako ezinnyembezini: ngokuba kuko
umvuzo kumsebenzi wako, utsho UYEHOVA;
ngokuba beya kubuya elizweni lotshaba.
17 Kuko kanjalo itemba kokwasemva kwa-
ko, utsho UYEHOVA; ngokuba abantwana
bako beya kubuyela emdeni wabo.
18 Ndivile ngokwenene u-Frayime ezi-
newinela, *esiti:* Undohlwayile, ndaza ndo-
hlwaywa ke, njengenkatyana engaqeli-
swanga: ndiguqule, ndandiya kuguqulwa:
ngokuba wena UNGUYEHOVA, UTIXO wami.
19 Ngennyaniso, emva kwokuguqulwa
kwami, ndaba nosizi, nasemva kwokwazi-
swa kwami, ndatywakaza etangeni; bendi-
danile, ewe, ndamatiswa kanjalo, ngoko-
kuba ndatwala ihlazo lobutsha bami. 20
U-Frayime *asi* nguye na unyana onqa-
bileyo kumi? *asi* nguye na umntwana
weziyolo? ngokuba kwa kuseloko ndabe-
nditeta ngakuye, ndisamkumbula ngennya-
niso; ngako oko amatumbu ami ayaxuxu-
zela pezu kwake; ndoba netaru ngakuye
ngokwenene, utsho UYEHOVA.
21 Zipakamisele intsika, zimisele izibo-
nda ezide, bekela inkliziyo yako emendwe-
ni, endhleleni wabuhamba *ngayo:* buya,
ntombi ipela yakwa-Sirayeli! buyela kuzo
izixeko zako ezi. 22 Kude kube ninina
uya kupalapala, wena 'ntombi epambu-
kayo? ngokuba UYEHOVA edalile into entsha
emhlabeni: inkazana iya kupahla indoda.
23 Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-



University of Fort Hare

Sirayeli, ukuti: Kwoba kusatshiwo elilizwi
elizweni lase-Juda, nasezixekweni zayo,
nxa ndibuyisayo ukutinjwa kwabo, *lokuti:*
Wanga UYEHOVA angakutamsanqela, wena
'nklalo yobulungisa, ntaba yobungcwele!
24 Babeya kuhlala kulo o-Juda nazo zonke
izixeko zabo kunye, abalimi nabo baha-
mbayo nomhlambi. 25 Ngokuba ndihluti-
sile umpefumlo odiniweyo, nayo yonke
imipefumlo ecubukileyo ndiyizalisile. 26
Pezu kwoku ndavuka, ndakangela, nobuto-
ngo bami bona bebumnandi kumi.

27 Bona ke, imihla iyeza, utsho UYEHOVA,
nxa ndiya kuhlwayela indhlu ka-Sirayeli,
nendhlu ka-Juda, ngembewu yabantu na-
ngembewu yezilo. 28 Kwakuya kuti,
njengokuba ndilindile pezu kwabo, ukudo-
nyula, nokucita, nokuwisa, nokutshabala-
lisa, nokubandezela; kwa njalo ndiya ku-
linda pezu kwabo, ukwaka, nokutyala,
utsho UYEHOVA.

29 Kuleyomihla abasayi kuti: Oyise
bazityile idreyive ezimuncu, nabantwana
amazinyo abo ayateleziswa. 30 Koko
bonke ngabanye baya kufa ngennxa yo-
kwabo ukukohlakala; bonke abantu aba-
tyayo idreyive ezimuncu amazinyo abo
aya kuteleziswa.

31 Bona ke, imihla iyeza, utsho UYE-
HOVA, nxa ndiya kwenzela indhlu ka-Sira-
yeli, nendhlu ka-Juda, ucebano olutsha:
32 kungenjengalo ucebano endalwenzayo
noyise babo, emhleni ndabendibamba isa-
ndhla sabo, ukuba ndibapumise elizweni
le-Jipete; abati ucebano lwami balwapula,
nakuba benditshatile nabo, utsho UYEHOVA;
33 koko lulo olu ucebano endiya kulwenza
nendhlu ka-Sirayeli, emveni kwalomihla,
utsho UYEHOVA: ndiya kubeka umteto
wami embilini wabo, napezu kwenkliziyo
yabo ndowubàla; ndandiya kuba NGUTIXO
wabo, bati bona babe ngabantu bami. 34
Baye bengayi kubuya bafundise omnye
ummelwane wake, nomnye umzalwana
wake, besiti: Yazini UYEHOVA; ngokuba
beya kundazi bonke, kwa kuye omncinane
wabo kude kube kuye omkulu wabo, utsho
UYEHOVA; ngokuba ndiya kuxolela ukuko-
hlakala kwabo, nesono sabo andiyi kubuya
ndisikombule.

35 Utsho ukuti UYEHOVA, owanika ilanga
libe sisikanyiso ngemmini, imimiso yen-
nyanga neyenkwenkwezi zibe sisikanyiso
ngobusuku, ozolisayo ulwandhle, nxa a-
maza alo agqumayo; NGUYEHOVA wemikosi
igama lake: 36 Ukuba lemimiso iya ku-
mka ebusweni bami, utsho UYEHOVA, iya
kupela nenzalo ka-Sirayeli ingabi sisizwe
pambi kwami imihla yonke. 37 Utsho
UYEHOVA ukuti: Ukuba amazulu pezulu
angalinganiswa, nokuba imisekelo yomhla-
ba ezantsi ingapengululwa, kanjalo nami
ndiya kulahla yonke inzalo ka-Sirayeli,
ngennxa yako konke abakwenzileyo, utsho
UYEHOVA.

38 Bona ke, imihla iyeza, utsho UYE-
HOVA, nxa isixeko siya kwakelwa UYEHOVA,
kwa kuyo inqaba ye-Hananele kude kube
kulo isango legumbi. 39 Yaiya kubuya
ipume intambo yokulinganisa malungana
naso pezu kwenduli ye-Garebe, ijikelele
ngase-Gohate. 40 Nawo wonke umhlambo
wemizimba efileyo, nowotutu, nawo onke
amasimi kude kube ngumlanjana we-Ki-
drone, kude kube ligumbi lesango lamaha-
she ngasempumalanga, *zonke ezondawo* zoba
ngcwele KUYEHOVA: asiyi kudonyulwa,
asiyi kubuya siwiswe kanjalo, kude kube
ngunapakade.

32 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA ngoweshumi umnyaka ka-
Zedekiya ukumkani wo-Juda: umnyaka
lowo ubungoweshumi linesibozo umnyaka
ka-Nebukanetsare. 2 Ngokuba oko impi
yokumkani we-Babilone ibiraula i-Yerusa-
leme; no-Jeremiya umprofite yena ebevale-
lwe enkundhleni yentolongo, ebisendhlwini
yokumkani wo-Juda. 3 Ngokuba u-Zede-
kiya ukumkani wo-Juda ebemvalele, esiti:
Yinina ukuba uprofiteshe, usiti: Utsho
UYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya kunikela
isixeko esi esandhleni sokumkani we-Babi-
lone, waeya kusibamba; 4 no-Zedekiya
ukumkani wo-Juda yena akayi kusinda
esandhleni sama-Kaledine, koko eya kuni-
kelwa ngennyaniso esandhleni sokumkani
we-Babilone, atete naye umlomo ngakuwo
umlomo, ati amehlo ake abone amehlo ake;
5 waeya kumsa u-Zedekiya e-Babilone, oya
kubako kona ndide ndimkangele, utsho
UYEHOVA: nakuba nilwayo nama-Kaledine,
aniyi kutamsanqeleka.

6 Waza wati u-Jeremiya: Ilizwi LIKA-
YEHOVA leza kumi, lisiti: 7 Bona ke, u-
Hanamele, unyana ka-Shalume uyihlokazi
wako, uya kuza kuwe, esiti: Zitengele
intsimi yami ese-Hanatote, ngokuba ibango
lenkululo lelako, lokuba uyitenge. 8 Kwa
njalo u-Hanamele, unyana wobawokazi



University of Fort Hare
Together in Excellence

wami, weza kumi, njengelizwi LIKAYEHOVA,
enkundhleni yentolongo, wati kumi : Kau-
tenge intsimi yami ese-Hanatote, esezweni
lakwa-Benjamine ; ngokuba ibango lelifa
lelako, nenkululo ikwa yeyako ; zitengele
*yona*. Ndaza ndazi ke ukuba lilizwi LIKA-
YEHOVA eli. 9 Ngako ndayitenga intsimi
leyo ku-Hanamele unyana wobawokazi
wami, ese-Hanatote, ndayilinganisela kuye
imali, ishekele zesilivere ezilishumi linesi-
xenxe. 10 Ndayo ndibàla ennewadini,
ndayincamatisela, ndanqìnisa amanqìna,
ndalinganisa imali esilinganiselweni. 11
Ndaza ndayitabata innewadi yentengo,
leyo ebincanyatiselwe *njengawo* umteto
nommiso, naleyo ebivulekile. 12 Nda-
ndula ndayinika innewadi yentengo ku-
Baruke, unyana ka-Neriya, unyana ka-
Mahaseya, pambi kwamehlo ka-Hanamele
*unyana* wobawokazi wami, napambi kwa-
mehlo amanqìna abebàlile ennewadini yen-
tengo, pambi kwamehlo awo onke ama-
Juda abehleli enkundhleni yentolongo. 13
Ndaza ndamyalela u-Baruke pambi kwa-
mehlo abo, ngokuti : 14 Utsho UYEHOVA
wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti : Ta-
bata innewadi ezi, lennewadi yentengo,
kwa leyo encanyatiselweyo, nalennewadi
evulekileyo, uzibekele esityeni sodongwe,
zize zimane zibako imihla emininzi. 15
Ngokuba esitsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO
wo-Sirayeli, ukuti : Kwobuya kutengwe
izindhlu, namasimi, nemiyezo yemiti ye-
veyine, kwelilizwe.

16 Ndaza ndatandaza KUYEHOVA, emveni
kwokuba ndibe ndinikile innewadi yente-
ngo ku-Baruke unyana ka-Neriya, ndisiti :
17 Au, NKOSI 'YEHOVA ! Bona ke, wena
wenzile izulu nomhlaba, ngamandhla ako
amakulu, nangengalo yako eyolulweyo ;
akuko 'nto ekunqabelayo : 18 usenza ubu-
bele kumawaka, ubuyekeza ukukohlakala
kwoyise esifubeni sabantwana babo emva
kwabo ; UTIXO omkulu, ongusomandhla ;
NGUYEHOVA wemikosi igama lake : 19 um-
kulu ngobucebo, unamandhla ngokwenza,
omehlo ako avulekile pezu kwazo zonke
indhlela zonyana babantu, ukuba unike
kwabanye ngabanye njengendhlela yabo,
nanjengesixakato sezenzo zabo : 20 obeki-
leyo imiqondiso nemimangaliso elizweni
le-Jipete kwada kwanamhla nje, nakwa-
Sirayeli, napakati kw*abanye* abantu, waza
wazenzela igama, njengokuba *kunjalo* nam-
hla nje : 21 ngokuba wabupumisa abantu
bako o-Sirayeli elizweni le-Jipete, ngemi-
qondiso, nangemimangaliso, nangesandhla
esomeleleyo, nangengalo eyolulweyo, na-
ngesoyikiso esikulu ; 22 waza wabanika
elilizwe, owabufunga koyise babo ukuba
wobapa lona, ilizwe elela ubisi nobusi.
23 Bada bangena balifuya ; kodwa abava-
nga ilizwi lako, abahambanga ngomteto
wako kanjako ; konke ububayalela ngako
ukuba bakwenze abakwenzanga ; kukona
ubahlisele lonke elilishwa. 24 Bona ke,
indulana zifikele isixeko, ukuba sibanjwe ;
nesixeko sona sinikelwe esandhleni sama-
Kaledine, alwayo ngakuso, ngesirele, na-
ngendhlala, nangesifo esibubisayo ; kanjalo
oko wakutetayo kuze kubako, nanku wena
ubona nje. 25 Noko, NKOSI 'YEHOVA ! ute
kumi : Zitengele intsimi ngemali, unqìnise
amanqìna, nakuba isixeko sinikelwe esa-
ndhleni sama-Kaledine.

26 Landula ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya, lisiti : 27 Bona ke, mina ndi-
NGUYEHOVA, UTIXO woluntu lwonke : kunga-
bako na ennye into endinqabelayo ? 28
Ngako oko utsho UYEHOVA ukuti : Bona ke,
ndiya kunikela isixeko esi esandhleni
sama-Kaledine, nasesandhleni sika-Nebu-
kanetsare ukumkani we-Babilone, waeya
kusibamba. 29 Oti ama-Kaledine, alwayo
ngakuso isixeko esi, eze apembe umlilo
kwesisixeko, asitshise ; kwa nezindhlu aba-
qumisele u-Bali pezu kwezifulelo zazo, na-
batululele otixo bambi iminikelo yokusela,
ukuba bandiqumbise. 30 Ngokuba usapo
luka-Sirayeli nosapo luka-Juda lukwenzile
oko kukohlakeleyo kupela emehlweni ami
kwa sebutsheni balo ; ngokuba usapo luka-
Sirayeli lundiqumbisile kupela ngomsebe-
nzi wezandhla zalo, utsho UYEHOVA. 31
Ngokuba sibe siyinto yengqumbo yami
nento yoburalarume bami esisixeko kumi,
kwa semhleni sakiwa ngawo kwada kwa-
namhla nje ; ukuze ndisisuse ebusweni
bami, 32 ngennxa yayo yonke inkohlakalo
yosapo luka-Sirayeli, neyosapo luka-Juda,
leyo luyenzileyo ukundiqumbisa ; lona,
okumkani balo, inkosana zalo, abaperisite
balo, nabaprofite balo, namadoda akwa-
Juda, nabemi base-Yerusaleme. 33 Ngo-
kuba bendijikele umhlana, babungebubo
ubuso ; nangona bendibafundisa, ndivuka
kusasa ndifundisa, abapulapulanga noko
ukuba balwamkele ululeko ; 34 koko bebe-
misa izinto zabo ezizondekileyo endhlwini
ebizwayo ngegama lami, ukuze bayincolise ;



University of Fort Hare

35 baye besaka indawo ezipakamileyo zika-
Bali, ezisesihlanjeni sonyana ka-Hinome,
ukuba badhlulise onyana babo nentombi
zabo *emlilweni* pambi kwo-Moleke; into
endingabayalelanga ngayo, nengangenanga
enkliziyweni yami; besenza lentshontsho,
ukuze babenze o-Juda bone.

36 Kodwa kaloku ngoko, utsho ukuti
UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, pezu kwesi-
xeko esi, eniti nina ngaso: Sinikelwe esa-
ndhleni sokumkani we-Babilone, ngesirele,
nangendhlala, nangesifo esibubisayo: 37
Bona ke, ndiya kubabuta kuwo onke ama-
zwe, apo ndibagxotele kona ngengqumbo
yami, nangoburalarume bami, nangomsindo
wami omkulu, ndibabuyisele kulendawo,
ndibahlalise ngokunqaba. 38 Ewe, boba
ngabantu bami, nami ndoba NGUTIXO wabo.
39 Ndandiya kubapa inkliziyo innye, nen-
dhlela innye, ukuba bandoyike mina imi-
hla yonke, kube kukulunga kwabo, nokwa-
bantwana babo emva kwabo. 40 Kanjalo
ndiya kulwenza nabo ucebano olungunapa-
kade, lwokuba andiyi kubuya kubo, uku-
benzela okulungileyo; nokwoyikwa kwami
ndokubeka ezinkliziyweni zabo, ukuze ba-
ngemki kumi. 41 Ndandiya kugcoba pezu
kwabo ukubenzela okulungileyo, ndiba-
tyale kwelilizwe ngennyaniso, ngayo yo-
nke inkliziyo yami, nangawo wonke umpe-
fumlo wami.

42 Ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti:
Njengokuba ndizisile pezu kwababantu
lonke elilishwa likulu, kwa njalo ndiya
kuzisa pezu kwabo konke ukulunga endi-
tetileyo ngako kubo. 43 Kwakuya kute-
ngwa amasimi kwelilizwe, eniti nina nga-
lo: Liyingcitakalo, kungeko abantu nezilo;
linikelwe esandhleni sama-Kaledine. 44
Baya kutenga amasimi ngemali, babàle
ennewadini, bayincamatisele, banqìnise a-
manqìna elizweni lakwa-Benjamine, nase-
mizini engqongayo i-Yerusaleme, nasezixe-
kweni zakwa-Juda, nasezixekweni zasezin-
tabeni, nasezixekweni zasezihlanjeni, na-
sezixekweni zasesuyide; ngokuba ndiya
kubuyisa ukutinjwa kwabo, utsho UYE-
HOVA.

33 KANJAKO ilizwi LIKAYEHOVA leza
ku-Jeremiya ngokwesibini, nxa abesa-
valelwa enkundhleni yentolongo, lisiti:

2 Utsho ukuti UYEHOVA olenzayo *icebo
lake*, UYEHOVA olidalayo, ukuba aliqinise;
NGUYEHOVA igama lako: 3 Biza kumi, nda-
ndiya kukupendula, ndikuxelele izinto ezin-
kulu neziyimigushanxa, ezo ungazazanga.
4 Ngokuba esitsho ukuti UYEHOVA, UTIXO
wo-Sirayeli, ngazo izindhlu zesisixeko, na-
ngazo izindhlu zokumkani bo-Juda, ezici-
tiweyo ngennxa yendulana nangennxa ye-
sirele, 5 besiza ukulwa nama-Kaledine,
nokuzizalisa ngezidumbu zabantu, endiba-
buleleyo ngengqumbo yami nangoburala-
rume bami, nendibufihlileyo ubuso bami
kwesisixeko ngennxa yayo yonke inkohla-
kalo yabo: 6 Bona ke, ndiya kubuyisela
kuso ukupola nokupila; ndandiya kubapi-
lisa, ndibatyilele ubuninzi boxolo nennya-
niso. 7 Ngokuba ndiya kubuyisa ukuti-
njwa kwo-Juda, nokutinjwa kwo-Sirayeli,
ndibake njengasekuqaleni. 8 Ndiya ku-
bahlanza kuko konke ukukohlakala kwabo,
abandonileyo ngako; ndandiya kuxolela
zonke izikohlakalo zabo, abandonileyo
ngazo, nabagqitileyo ngazo ngakumi. 9
Soba ligama lomgcobo kumi, indumiso nen-
gcwalisa pambi kwazo zonke izizwe zom-
hlaba, eziya kuva konke okulungileyo
endikwenzayo kubo; zaziya kwoyika zi-
ngcangcazele pezu kwako konke ukulunga,
napezu kwako konke ukwonwaba, endisi-
zuzisa kona.

10 Utsho UYEHOVA ukuti: Kwobuya ku-
viwe kulendawo, eniti nina ngayo: Icita-
kele, bengeko abantu, zingeko nazilo;
ezixekweni zakwa-Juda, nasezitarateni ze-
Yerusaleme, ezicitakalisiweyo, zingenaba-
ntu, zingenabemi, zingenazilo, 11 ilizwi
lomgcobo nelizwi lovuyo, ilizwi lomyeni
nelizwi lomtshakazi, ilizwi labo abati:
Bulelani KUYEHOVA wemikosi, ngokuba
UYEHOVA elungile, ngokuba ububele bake
bungunapakade; nelabazisayo umnikelo
wokubulela endhlwini KAYEHOVA: ngokuba
ndiya kubuyisa ukutinjwa kwelizwe, nje-
ngasekuqaleni, utsho UYEHOVA. 12 Utsho
UYEHOVA wemikosi ukuti: Kwobuya kube-
ko kulendawo, ecitakeleyo, ekungeko aba-
ntu nezilo *kuyo*, nakuzo zonke izixeko zayo.
inklalo zabalusi, bebutumisa imihlambi
*yabo*. 13 Ezixekweni zasezintabeni, ezi-
xekweni zasezihlanjeni, nasezixekweni za-
sesuyide, naselizweni lakwa-Benjamine,
nasemizini engqongayo i-Yerusaleme, na-
sezixekweni zakwa-Juda, imihlambi yobu-
ya idhlule ngapantsi kwezandhla zoyiba-
layo, utsho UYEHOVA.

14 Bona ke, imihla iyeza, utsho UYEHOVA,
nxa ndiya kuqinisa elolizwi lilungileyo



University of Fort Hare

endilitetileyo kwindhlu ka-Sirayeli, na-
kwindhlu ka-Juda. 15 Ngaleyomihla, na-
ngeloxesha, ndiya kuhlumisela u-Davide
isebe lobulungisa; waeya kwenza ubu-
gwebo nobulungisa elizweni. 16 Ngemi-
hla leyo i-Juda iya kusindiswa, ne-Yerusa-
leme yohlala ekunqabeni: n*egama* iya
kubizwa ngalo leli *lokuti :* UYEHOVA ubu-
lungisa betu. 17 Ngokuba esitsho UYEHOVA
ukuti: Akuyi kunqamkela u-Davide indoda
ihleli pezu kweterone yendhlu ka-Juda.
18 Kanjalo akuyi kunqamkela abaperisite
abangaba-Levi indoda ebusweni bami, ini-
kela amadini okutshiswa, ivutisa iminikelo
yokudhla, isenza imibingo imihla yonke.

19 Labuya leza ilizwi LIKAYEHOVA ku-
Jeremiya, lisiti: 20 Utsho UYEHOVA ukuti:
Ukuba ningatshitshisa ucebano lwami
lwemmini, nocebano lwami lwobusuku,
kuze kungabiko immini nobusuku ngexe-
sha lazo; 21 kuya kutshitshiswa nocebano
lwami kunye no-Davide isicaka sami,
ukuba angabi nonyana epete ubukumkani
pezu kweterone yake; nakunye naba-Levi
abangabaperisite, abakonzi bami. 22 Nje-
ngokuba ungenakubalwa umkosi wezulu,
na*njengokuba* ingenakulinganiswa inklabati
yolwandhle, kwa njalo ndiya kwandisa
inzalo ka-Davide isicaka sami, naba-Levi
abandikonzayo.

23 Kanjako ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya, lisiti: 24 Akubonanga na oko
kutetiweyo ngababantu, besiti: Izizalwane
zozibini azinyuleleyo UYEHOVA, uzilahlile
bo? Kunjalo badelayo abantu bami, ukuze
bangabi sesisizwe pambi kwabo. 25 Utsho
UYEHOVA ukuti: Ukuba akuko ucebano
lwami lwemmini nolwobusuku; *ukuba* andi-
misanga imimiso yezulu neyomhlaba; 26
ndiya kwandula ndilahle inzalo ka-Yakobi,
no-Davide isicaka sami, ukuze ndingatabati
kwinzalo yake abaya kupata pezu kwen-
zalo ka-Abrahame, *no*-Yisake, no-Yakobi:
koko ndiya kubuyisa ukutinjwa kwabo,
ndibe netaru ngakubo.

34 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, nxa u-Nebukanetsare uku-
mkani we-Babilone, nayo yonke impi yake,
nabo bonke ubukumkani belizwe lokupata
kwake, nabo bonke abantu, bebesilwa nga-
kuyo i-Yerusaleme, nangakuzo zonke izi-
xeko zayo, lisiti:

2 Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
ukuti: Hamba utete ku-Zedekiya uku-
mkani wo-Juda, uti kuye: Utsho UYEHOVA
ukuti: Bona ke, ndiya kunikela isixeko
esi esandhleni sokumkani we-Babilone,
oya kusitshisa ngomlilo. 3 Nawe akuyi
kusinda esandhleni sake, koko uya kuba-
njwa ngennyaniso, unikelwe esandhleni
sake; oti amehlo ako awabone amehlo
okumkani we-Babilone, nomlomo wako
utete nomlomo wako, uye wena e-Babi-
lone. 4 Noko, yiva ilizwi LIKAYEHOVA,
Zedekiya, kumkani wo-Juda! Utsho UYE-
HOVA ngawe ukuti: Akuyi kufa ngesirele.
5 Eluxolweni uya kufa, nangezitshiselwa
zoyihlo bako, okumkani batanci abebepa-
mbili kuwe, ngezinjalo baya kutshisela
wena; na*ngokuti :* Au, nkosi! bokulilela:
ngokuba ilizwi ndilitetile mina, utsho UYE-
HOVA.

6 Waza u-Jeremiya umprofite wateta
onke lamazwi ku-Zedekiya ukumkani wo-
Juda e-Yerusaleme, 7 nxa impi yoku-
mkani we-Babilone ibisilwa ngakuyo
i-Yerusaleme, nangakuzo zonke izixeko
zakwa-Juda eziseleyo, ngakuyo i-Lakishe
nangakuyo i-Hazeka: ngokuba ezi zibe
zisala pakati kwezixeko zakwa-Juda, zizi-
zixeko ezinqatyisiweyo.

8 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, emveni kwokuba ukumkani u-
Zedekiya ebelwenzile ucebano nabo bonke
abantu ababese-Jerusaleme, ukushumayela
inkululeko kubo: 9 Ukuba mabandulule
abanye ngabanye isicaka sabo, nabanye
ngabanye isicakakazi sabo, um-Hebere
nom-Heberekazi, bekululekile; kuze ku-
ngabiko 'mntu obakonzisayo, um-Juda um-
zalwana wake. 10 Zati zakuva zonke inko-
sana, nabo bonke abantu abebengenile elu-
cebanweni, ukuba mabandulule abanye
ngabanye isicaka sabo, nabanye ngabanye
isicakakazi sabo, zikululekile, ukuze ba-
ngabi sazikonzisa, bandula beva, bazindu-
lula ke. 11 Kodwa emva kwokunjalo
bajika, babuyisa izicaka nezicakakazi
abebezindulule zikululekile, bazitobisa
zibe zizicaka nezicakakazi.

12 Ngako ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya livela KUYEHOVA, lisiti: 13 U-
tsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti:
Ndalwenza ucebano noyihlo benu emhleni
ndababumisayo elizweni le-Jipete, en-
dhlwini yobukoboka, ndisiti: 14 Eku-
peleni kweminyaka isixenxe niya kuu-
ndulula abanye ngabanye umzalwana



University of Fort Hare

wabo, um-Hebere, otengiselwe kuwe,
okukonzileyo iminyaka mitandatu; ewe,
uya kumndulula ekululekile kuwe: ko-
dwa oyihlo benu abandipulapulanga, aba-
tobanga indhlebe yabo kanjako. 15 Naye
nina nibe niguqukile namhla, nenza
okufaneleyo emehlweni ami, nishumayela
abanye ngabanye inkululeko kummelwane
wabo, nalwenza ucebano pambi kwami
endhlwini ebizwayo ngegama lami. 16
Koko nibuye naguquka, nalidyoba igama
lami, nanibuyisile abanye ngabanye isi-
caka sabo, nabanye ngabanye isicakakazi
sabo, enibe nizindulule zikululekile ngen-
tando yazo, nazitobisa zibe zizicaka nezi-
cakakazi kuni.

17 Ngako oko utsho UYEHOVA ukuti:
Anipulapulanga kumi, ngokushumayela
inkululeko abanye ngabanye kumzalwana
wabo, nabanye ngabanye kummelwane
wabo: bona ke, ndiya kushumayelela nina
inkululeko, utsho UYEHOVA, kulo irele, *na-*
*kuso* isifo esibubisayo, nakuyo indhlala,
ndininikele ekuzanyazanyisweni kubo bo-
nke ubukumkani bomhlaba. 18 Ndandiya
kunikela amadoda alugqitileyo ucebano
lwami, lawo angawaqinisanga amazwi
ocebano abelwenzile pambi kwami, aku-
canda itole kubini, aza adhlula pakati
kwezito zalo; 19 inkosana zakwa-Juda,
nenkosana zase-Yerusaleme, ababusi, na-
baperisite, nabo bonke abantu belizwe,
abadhlulileyo pakati kwezito zetole; 20
sendiya kunikela bona esandhleni sen-
tshaba zabo, nasesandhleni sabafunayo
ubomi babo; zaye izidumbu zabo ziya
kuba kukutya ezintakeni zezulu, nasezi-
lweni zomhlaba. 21 No-Zedekiya uku-
mkani wo-Juda, nenkosana zake, ndobani-
kela esandhleni sentshaba zabo, nasesa-
ndhleni sabafunayo ubomi babo, nasesa-
ndhleni sempi yokumkani we-Babilone,
abanyukileyo kuni. 22 Bona ke, ndiya
kuxela, utsho UYEHOVA, ndibabuyisele
kwesisixeko, babeya kulwa ngakuso, ba-
sibambe, basitshise ngomlilo; nezixeko
zakwa-Juda ndiya kuzenza ingcitakalo,
zingenabemi.

35 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, emihleni ka-Yoyakime u-
nyana ka-Josiya ukumkani wo-Juda, li-
siti: 2 Hamba uye kwindhlu yama-Re-
kabe, utete nawo, uwazise endhlwini KA-
YEHOVA, kwenuye yazo inkambili, uwaseze
iveyine. 3 Ndaza ndatabata u-Yazaniya,
unyana ka-Jeremiya, unyana ka-Habatsi-
niya, nabazalwana bake, nabo bonke onya-
na bake, nayo yonke indhlu yama-Rekabe;
4 ndabazisa endhlwini KAYEHOVA, enkambi-
lini yonyana baka-Hanane, unyana ka-
Gidaliya, indoda KATIXO, ebikufupi nenka-
mbili yenkosana, ebipezu kwenkambili
ka-Mahaseya, unyana ka-Shalume, umgcini
womnyango. 5 Ndaza ndabeka pambi
kwonyana bendhlu yama-Rekabe ibekile
zizele iveyine, nendebe, ndati kubo: Se-
lani iveyine. 6 Koko bati: Asiyi kusela
iveyine: ngokuba u-Yehonadabi, unyana
ka-Rekabe, ubawo, wasiyalela ngokuti:
Aniyi kusela iveyine, nina, nabantwana
benu, kude kube ngunapakade. 7 Nezin-
dhlu aniyi kuzaka, nembewu aniyi kuyi-
hlwayela, nemiyezo yemiti yeveyine aniyi
kuyityala; aniyi kuba *nezonto* kanjalo;
koko niya kuhlala ezintenteni yonke imi-
hla yenu, ukuze nipile imihla emininzi
pezu kwobuso bomhlaba, apo ningabapa-
mbukeli kona. 8 Saye sivile ilizwi lika-
Yehonadabi, unyana ka-Rekabe, ubawo,
ngako konke wasiyalelayo, ukuba singaseli
iveyine yonke imihla yetu, tina, abafazi
betu, onyana betu, nentombi zetu; 9 no-
kuba singaki izindhlu zokuhlala kwetu;
kanjako asinayo imiyezo yemiti yeveyine,
namasimi, nembewu; 10 koko sihleli
ezintenteni, sasivile, senze nokwenza
ngako konke wasiyalelayo u-Yehonadabi
ubawo. 11 Kodwa kwaye kute, akunyuka
u-Nebukanetsare ukumkani we-Babilone
ukuza elizweni, sandula sati: Yizani siye
e-Yerusaleme, ngenxa yempi yama-Kale-
dine, nangenxa yempi yama-Siriya; ku-
kona sihlala e-Yerusaleme.

12 Laza ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya, lisiti: 13 Utsho UYEHOVA wemi-
kosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Hamba uti
kuwo amadoda akwa-Juda, nakubo abemi
base-Yerusaleme: Aniyi kuyamkela im-
fundiso na, ukuba nipulapule amazwi ami?
utsho UYEHOVA. 14 Amazwi ka-Yehonadabi
unyana ka-Rekabe, lawo wabayalela onyana
bake ngawo okuba bangaseli iveyine, afe-
ziwe; ngokuba bengayiselanga kwada kwa-
namhla nje, koko bevile umyalelo woyise
wabo: kanti nditetile kuni, ndivuka ku-
sasa nditeta, kodwa anipulapulanga kumi.
15 Ngokuba nditumile kuni izicaka zami
abaprofite, ndivuka kusasa ndizituma,
ndisiti: Guqukani ke abanye ngabanye



University of Fort Hare

endhleleni yabo ekohlakeleyo, nilungise
izenzo zenu, nize ningalandeli otixo bambi
ngokubakonza, naniya kuhlala elizweni
endilinikileyo kuni nakoyihlo benu; ko-
dwa anitobanga indhlebe yenu, anipula-
pulanga kumi kanjako. 16 Ngokokuba o-
nyana baka-Yehonadabi unyana ka-Rekabe
bewufezile umyalelo woyise wabo, lowo
ubebayalela wona, kanti ababantu abapu-
lapulanga kumi; 17 ngako oko, utsho
UYEHOVA, UTIXO wemikosi, UTIXO wo-Sira-
yeli, ukuti: Bona ke, ndiya kuzisa pezu
kwo-Juda napezu kwabo bonke abemi
base-Yerusaleme, lonke ilishwa endilite-
tileyo ngakubo; ngennxa yokuba ndite-
tile kubo, koko bengevanga, nokuba ndi-
bizile kubo, koko bengapendulanga.
18 Waza u-Jeremiya wati kuyo indhlu
yama-Rekabe: Utsho UYEHOVA wemikosi,
UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Ngennxa yo-
kuba niwuvile umyalelo ka-Yehonadabi
uyihlo wenu, nokuba niyigcinile yonke
imiyalezelo yake, nokuba nenzile ngako
konke abeniyalela kona; 19 ngako oko,
utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-Sira-
yeli, ukuti: Akuyi kunqamkela u-Yehona-
dabi unyana ka-Rekabe indoda imi pambi
kwami imihla yonke.

36 KWAYE kute ngomnyaka wesine ka-
Yoyakime unyana ka-Josiya ukumkani
wo-Juda, leza elilizwi ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, lisiti: 2 Zitabatele umqulu
wenncwadi, uwabàle kuwo onke amazwi
endiwatetileyo kuwe, ngo-Sirayeli, nango-
Juda, nangazo zonke izizwe, kwa semhleni
endateta kuwe, kwa semihleni ka-Josiya,
kwada kwanamhla nje. 3 Ingati indhlu
ka-Juda iya kuva lonke ilishwa endici-
ngayo ukubenzela lona, ukuze babuye
abanye ngabanye endhleleni yabo ekohla-
keleyo, ndize ndibaxolele ityala labo ne-
sono sabo. 4 Waza u-Jeremiya wabiza
u-Baruke unyana ka-Neriya; waye u-Ba-
ruke wabàla ngomlomo ka-Jeremiya onke
amazwi KAYEHOVA, lawo ubewatetile kuye,
pezu kwomqulu wenncwadi. 5 Wandula
u-Jeremiya wamyalela u-Baruke, ngokuti:
Mina ndivalelwe, ndikohliwe ukuya en-
dhlwini KAYEHOVA: 6 uz' uye wena, ule-
seshe emqulwini, lowo uwubàlileyo ngom-
lomo wami, amazwi KAYEHOVA, ezindhle-
beni zabantu, endhlwini KAYEHOVA, ngem-
mini yokuzila; nakanjalo ezindhlebeni zo-
Juda bonke, abavela ezixekweni zabo, uya
kuwalesesha. 7 Kungati baya kubeka isi-
taruziso sabo pambi KWOYEHOVA, babuye
abanye ngabanye endhleleni yabo ekohla-
keleyo; ngokuba inkulu ingqumbo nobu-
ralarume abutetileyo UYEHOVA ngakubo
ababantu. 8 Waye u-Baruke unyana ka-
Neriya wenza ngako konke abemyalele
kona u-Jeremiya umprofite, ngokulesesha
enncwadini leyo amazwi KAYEHOVA, en-
dhlwini KAYEHOVA.
9 Kwaza kwati, ngomnyaka wesihlanu
ka-Yoyakime unyana ka-Josiya ukumkani
wo-Juda, ngennyanga yesitoba, bashuma-
yela inzilo pambi KWOYEHOVA bonke aba-
ntu abase-Yerusaleme, nabo bonke abantu
abebevele ezixekweni zakwa-Juda ukuza
e-Yerusaleme. 10 Wandula walesesha u-
Baruke enncwadini leyo amazwi ka-Jere-
miya, endhlwini KAYEHOVA, enkambilini
ka-Gemariya unyana ka-Shafane umbàli,
ebaleni lasenkla, emnyango wesango eli-
tsha lendhlu KAYEHOVA, ezindhlebeni za-
bantu bonke.
11 Kekaloku u-Mikaya, unyana ka-
Gemariya, unyana ka-Shafane, akuba evile
onke amazwi KAYEHOVA kulonncwadi,
12 wandula wehla waya endhlwini yo-
kumkani, enkambilini yombàli; kekaloku
bona ke, zonke inkosana zibe zihleli kona:
u-Elishama umbàli, no-Delaya unyana ka-
Shemaya, no-Elinatane unyana ka-Hako-
bore, no-Gemariya unyana ka-Shafane, no-
Zedekiya unyana ka-Hananiya, nenkosana
zonke. 13 Waza u-Mikaya waxela kuzo
onke amazwi abewavile, akulesesha u-
Baruke enncwadini leyo ezindhlebeni za-
bantu. 14 Zandula zonke inkosana zamtu-
ma ku-Baruke u-Yehudi, unyana ka-Ne-
taniya, unyana ka-Shelemiya, unyana ka-
Kushi, zisiti: Umqulu, ubulesesha kuwo
ezindhlebeni zabantu, wutabate esandhleni
sako, uze *nawo*. Wasuka u-Baruke unyana
ka-Neriya wawutabata umqulu esandhleni
sake, weza kuzo. 15 Zaye zisiti kuye:
Hlala pantsi ke, uwuleseshe ezindhlebeni
zetu. Waza u-Baruke walesesha ezindhle-
beni zazo. 16 Kwaye kute, nxa zibe
zivile onke amazwi *awo*, zajikelana ngo-
kunkwantya; zada zati ku-Baruke: Siya
kuwaxela ngokwennyaniso onke lamazwi
kukumkani. 17 Zaza zambuza u-Baruke,
zisiti: Sixelele ke, ute nina ukubàla onke
lamazwi ngomlomo wake? 18 Waye u-
Baruke esiti kuzo: Ngomlomo wake wa-
nditetela onke lamazwi, ndaza ndawabàla



University of Fort Hare

ennewadini ngeyinke. 19 Zandula zati
inkosana ku-Baruke: Hamba, uye uzimele,
wena no-Jeremiya; makungaziwa 'mntu
apo nikona.
20 Zaza zangena kukumkani ebaleni,
kodwa umqulu zawubekela enkambilini
ka-Elishama umbàli; zaye zixela onke
amazwi *awo* ezindhlebeni zokumkani.
21 Waza ukumkani wamtuma u-Yehudi
aye kutabata umqulu, owawususa enka-
mbilini ka-Elishama umbàli; waye u-Ye-
hudi wawulesesha ezindhlebeni zokumka-
ni, nasezindhlebeni zazo zonke inkosana
ezibe zimi ngakuye ukumkani. 22 Keka-
loku ukumkani ebehleli endhlwini yobu-
sika, ngennyanga yesitoba, ungxawo e-
pambi kwake *enomlilo* usitsha. 23 Kwaza
kwati, nxa u-Yehudi abeleseshile inrozo
zantatu umhlaumbi zanne, wandula wawu-
sika ngesitshetshe sombàli, wawuposa em-
lilweni obusengxaweni, wada wagqitywa
wonke umqulu emlilweni obusengxaweni.
24 Baye bengoyiki, abarazula ingubo zabo
kanjalo, *kwa n*okumkani, nazo zonke izi-
caka zake ezibe zivile onke lamazwi.
25 Kodwa noko u-Elinatane, no-Delaya,
no-Gemariya, bebetandazele kukumkani
ukuba makangatshisi umqulu; koko ebe-
ngapulapuli kubo. 26 Waza ukumkani
wabayalela u-Jeramele unyana ka-Hame-
leke, no-Seraya unyana ka-Zariyeli, no-
Shelemiya unyana ka-Habideli, ukuba
babambe u-Baruke umbàli no-Jeremiya
umprofite: kodwa UYEHOVA wabafihla.
27 Landula ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya, emveni kwokuba ukumkani
ebetshisile umqulu, namazwi abewabàlile
u-Baruke ngomlomo ka-Jeremiya, lisiti:
28 Buya uzitabatele umqulu omnye, uwa-
bàle kuwo onke amazwi apambili abe-
semqulwini wokuqala, lowo u-Yoyakime
ukumkani wo-Juda wawutshisayo. 29 Na-
kuye u-Yoyakime ukumkani wo-Juda uya
kuti: Utsho UYEHOVA ukuti: Uwutshisile
umqulu lo, usiti: Yinina ukuba ubàlile
kuwo, ngokuti: Ukumkani we-Babilone
uya kuza ngokwennyaniso, alitshabalalise
elilizwe, enze nokuba abantu nezilo zipele
kulo? 30 Ngako oko utsho UYEHOVA
ngaye u-Yoyakime ukumkani wo-Juda,
ukuti: Akayi kuba namnye ohleli etero-
neni ka-Davide; nesidumbu sake sona
siya kulahlelwa ebushushwini emmini,
nasengqeleni ebusuku. 31 Ndandiya kwo-
hlwaya yena, nenzalo yake, nezicaka zake,
ngennxa yokukohlakala kwabo; ndandiya
kuzisa pezu kwabo, napezu kwabemi base-
Yerusaleme, napezu kwamadoda akwa-
Juda, lonke ilishwa endilitetileyo ngaku-
bo, koko bengapulapulanga.
32 Wandula u-Jeremiya watabata umqu-
lu omnye, wawunika ku-Baruke, unyana
ka-Neriya, umbàli; owabàla kuwo, ngom-
lomo ka-Jeremiya, onke amazwi ennewadi
ebitshisiwe ngu-Yoyakime ukumkani wo-
Juda emlilweni: kwaye kusongezwa kuwo
amazwi amaninzi abenjengawo la.

37 KEKALOKU u-Zedekiya unyana ka-
Josiya wapata ubukumkani esiku-
ndhleni sika-Koniya unyana ka-Yoyakime,
lowo u-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone ubemenzile ukumkani elizweni
lakwa-Juda. 2 Kodwa yena, nezicaka zake,
nabantu belizwe, bebengapulapuli kuwo
amazwi KAYEHOVA, lawo abewateta ngo-
Jeremiya umprofite.
3 Waza ukumkani u-Zedekiya watuma
u-Yukali unyana ka-Shelemiya, no-Tsefa-
niya unyana ka-Mahaseya umperisite,
ukuya ku-Jeremiya umprofite, ukuti:
Zusitandazele ke KUYEHOVA, UTIXO wetu.
4 Kekaloku u-Jeremiya wangena wapuma
nokupuma pakati kwabantu; ngokuba be-
benge*ka*mfakile entolongweni. 5 Kanjalo
impi ka-Faro ibipumile e-Jipete; aza ati
ama-Kaledine, aberaula i-Yerusaleme, a-
kuva indaba ngabo, enyuka kuyo i-Yeru-
saleme.
6 Landula ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya umprofite, lisiti: 7 Utsho UYE-
HOVA, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Niya
kutsho kukumkani wo-Juda, onitumileyo
kumi ukuza kundibuza, ukuti: Bona ke,
impi ka-Faro, epumeleyo ukuncedwa
kwenu, iya kubuyela elizweni layo e-
Jipete. 8 Nama-Kaledine aya kubuya,
alwe ngakuso isixeko esi, asibambe, asi-
tshise ngomlilo. 9 Utsho UYEHOVA ukuti:
Ningazikohlisi, nisiti: ama-Kaledine ogqi-
bela ukumka kuti; ngokuba engayi kumka.
10 Ngokuba nangona nibe nibetile yonke
impi yama-Kaledine alwayo nani, ada asala
kuwo amadoda azinnxwelera *kupela*, ebeya
kuvuka *noko*, amanye ngamanye ezinte-
nteni zawo, atshise isixeko esi ngomlilo.
11 Kwaza kwati, xeshekweni impi
yama-Kaledine ibindulukile e-Yerusaleme,
ngennxa yempi ka-Faro, 12 wandula wa-
puma u-Jeremiya e-Yerusaleme ukuya



University of Fort Hare
Together in Excellence

elizweni lakwa-Benjamine, ukuba amkele
isahlulelwa sake sakona pakati kwabantu.
13 Nxa abesesangweni lika-Benjamine,
kwabako kona inkosi yokulinda, egama
lingu-Yirija, unyana ka-Shelemiya, unyana
ka-Hananiya; yena wambamba u-Jeremiya
umprofite, esiti: Uyapongomela kuwo ama-
Kaledine! 14 Wayesiti u-Jeremiya: Uya-
xoka, andipongomeli kuwo ama-Kaledine;
kodwa akapulapula kuye: kwa njalo u-
Yirija wambamba u-Jeremiya, wamzisa
kwinkosana. 15 Zaye inkosana zibe zi-
nomsindo ngakuye u-Jeremiya, zambeta,
zamfaka entolongweni, endhlwini ka-Jona-
tane umbàli, ngokuba zibe ziyenzile yona
ibe yintolongo.

16 Nxa u-Jeremiya abengenile pakati
emnxunyeni nasezigingqini, na*xa* u-Jere-
miya abehleli kona imihla yamininzi,
17 wandula watuma ukumkani u-Zedekiya
wamtabata; waza ukumkani wambuza
ngasese endhlwini yake, wati: Liko na
ilizwi livela KUYEHOVA? Wati u-Jeremiya:
Liko; wayesiti: Uya kunikelwa esandhle-
ni sokumkani we-Babilone. 18 Waza u-
Jeremiya wati kuye ukumkani u-Zedekiya:
Ndonile nganto nina ngakuwe, nangakuzo
izicaka zako, nangakubo ababantu, ukuba
nindifakile entolongweni? 19 Bapina ke
abaprofite benu abebeprofitesha kuni, be-
siti: Ukumkani we-Babilone akayi kuza
ngakuni, nangakulo elilizwe? 20 Ngako
kaloku, zupulapule ke, Nkosi yami 'ku-
mkani! makesiti isitaruziso sami sibekwe
ebusweni bako, uze ungandibuyiseli en-
dhlwini ka-Jonatane umbàli, ukuba ndi-
ngafeli kona. 21 Waza ukumkani u-Ze-
dekiya waxela ukuba mababeke u-Jeremiya
enkundhleni yentolongo, nokuba anikwe
isimba lesonka imihla ngemihla livela
esitarateni saboji, side sigqitywe sonke
isonka esixekweni. Kwa njalo u-Jeremiya
wahlala enkundhleni yentolongo.

38 Kekaloku u-Shefatiya unyana ka-Ma-
tane, no-Gedaliya unyana ka-Pashure,
no-Yukali unyana ka-Shelemiya, no-Pa-
shure unyana ka-Malekiya, beva amazwi
abetetiwe ngu-Jeremiya kubo bonke aba-
ntu, esiti: 2 Utsho UYEHOVA ukuti: Lo-
wo usalayo kwesisixeko, wobuba ngesirele,
ngendhlala, nangesifo esibubisayo; kodwa
lowo upumela kuwo ama-Kaledine, uya
kupila; ewe, ubomi bake boba lixoba kuye,
waeya kupila. 3 Utsho UYEHOVA ukuti:
Esisixeko siya kunikelwa ngokwennyaniso
esandhleni sempi yokumkani we-Babilone,
eya kusibamba. 4 Ngako inkosana zati
kukumkani: Mayifiswe ke indoda le, ngo-
kuba ngokunjalo inqenisa izandhla zama-
doda okulwa aseleyo kwesisixeko, neza-
ndhla zabantu bonke, ngokuteta kubo nje-
ngalamazwi: ngokuba lendoda ingafuneli
ababantu uxolo, kodwa ububi. 5 Wayesiti
ukumkani u-Zedekiya: Nantsiya isesa-
ndhleni senu; ngokuba engenguye uku-
mkani ongayenzayo into ngakuni. 6 Za-
ndula zamtabata u-Jeremiya, zamposa em-
nxunyeni ka-Malekiya unyana ka-Hamele-
ke, obusenkundhleni yentolongo; zaye zim-
hlisa u-Jeremiya ngentambo: nasemnxu-
nyeni lowo bekungeko amanzi, kodwa uda-
ka; waza watshona u-Jeremiya eludakeni.

7 Kekaloku akuva u-Hebedi-meleke um-
Tiyopiya, omnye wabatenwa obesendhlwi-
ni yokumkani, ukuba bafakile u-Jeremiya
emnxunyeni, nokuba ukumkani uhleli esa-
ngweni lika-Benjamine, 8 wapuma ke
u-Hebedi-meleke endhlwini yokumkani,
waya wateta kukumkani, esiti: 9 Nkosi
yami 'kumkani! lamadoda enze ngokuko-
hlakeleyo ngako konke akwenzileyo ku-
Jeremiya umprofite, lowo amposileyo em-
nxunyeni; waeya kufa ngokulamba enda-
weni yake, ngokuba kungaseko isonka
esixekweni. 10 Waza ukumkani wamya-
lela u-Hebedi-meleke um-Tiyopiya, ngo-
kuti: Tabata nawe kwa lapa amadoda abe
ngamashumi matatu, uye umnyuse u-Jere-
miya umprofite emnxunyeni engekafi.
11 Wasuka u-Hebedi-meleke watabata na-
ye amadoda lawo, waya endhlwini yoku-
mkani ngapantsi kwenkambili yendyebo,
wasusa kona amajacu engubo ezirazuki-
leyo, namajacu engubo ezigugileyo, wazi-
hlisela ku-Jeremiya emnxunyeni ngenta-
mbo. 12 Wayesiti u-Hebedi-meleke um-
Tiyopiya ku-Jeremiya: Kaubeke *la*majacu
engubo ezirazukileyo nezigugileyo pantsi
kwamakwapa ako, ngapantsi kwentambo:
wenje njalo ke u-Jeremiya. 13 Baza
bamrola u-Jeremiya ngentambo, bamnyusa
emnxunyeni; waye u-Jeremiya wahlala
enkundhleni yentolongo.

14 Waza watuma ukumkani u-Zedekiya,
wamtabatela kuye u-Jeremiya umprofite
emnyango wesitatu, obusendhlwini KAYE-
HOVA; wayesiti ukumkani ku-Jeremiya:
Ndokubuza indawo, zungandifihleli 'nto.
15 Waza u-Jeremiya wati ku-Zedekiya:
Nxa ndikuxelelayo, akuyi kuqinisa uku-



University of Fort Hare

ndifisa na? nanxa ndikunika icebo, akuyi
kupulapula kumi. 16 Wandula ukumkani
u-Zedekiya wafunga ku-Jeremiya ngasese,
esiti: Ehleli nje UYEHOVA, lowo osenzele
lompefumlo, andiyi kukufisa, kanjako
andiyi kukunikela esandhleni salamadoda
abufunayo ubomi bako.
17 Waza u-Jeremiya wati ku-Zedekiya:
Utsho UYEHOVA, UTIXO wemikosi, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti: Ukuba uya kupumela
kuzo inkosana zokumkani we-Babilone
ngokuvuma, umpefumlo wako uya kupila,
nesixeko esi asiyi kutshiswa ngomlilo;
ewe, uya kupila, wena nendhlu yako. 18
Kodwa ukuba akuyi kupumela kuzo inko-
sana zokumkani we-Babilone, sesiya kuni-
kelwa isixeko esi esandhleni sama-Kale-
dine, aya kusitshisa ngomlilo; nawe akuyi
kusinda esandhleni sawo. 19 Waza wati
ukumkani u-Zedekiya ku-Jeremiya: Ndi-
yoyika ama-Juda apongomeleyo kuwo
ama-Kaledine, hleze andinikele esa-
ndhleni sawo, adhlale ngami. 20 Koko
u-Jeremiya wati: Akayi ku*ku*nikela; live
ke ilizwi LIKAYEHOVA ngoko endikuteta
kuwe, ukuba kulunge kuwe, nokuba um-
pefumlo wako upile. 21 Kodwa ukuba
uyala ukupuma, leli ilizwi UYEHOVA undi-
bonisile lona, *lokuti:* 22 Bona ke, bonke
abafazi, abaseleyo endhlwini yokumkani
wo-Juda, baya kupunyiselwa kuzo inko-
sana zokumkani we-Babilone; abaya kuti:
Abahlobo bako bakuhendile, bakweyisile;
innyawo zako zitshonile eludakeni, bona
bahlehlile ngomva. 23 Nabo bonke aba-
fazi bako, nabantwana bako, bobapumisela
kuma-Kaledine, nawe akuyi kusinda esa-
ndhleni sawo; ngokuba uya kubanjwa
ngesandhla sokumkani we-Babilone, ne-
sixeko esi uya kusitshisa ngomlilo.
24 Waza u-Zedekiya wati ku-Jeremiya:
Makungaziwa 'mntu lamazwi, uze ungafi.
25 Kodwa ukuba inkosana ziya kuva oko-
kuba nditetile nawe, zize kuwe, ziti nokuti
kuwe: Sixelele ke into uyitetileyo kuku-
mkani, ungayifihli kuti, sasingayi kukufi-
sa; kwa nento ukumkani ayitetileyo kuwe;
26 uya kwandula uti kuzo: Ndabeka isi-
taruziso sami ebusweni bokumkani, sokuba
makangandibuyiseli endhlwini ka-Jona-
tane, ndifele kona.
27 Zasuka zonke inkosana zeza ku-
Jeremiya, zambuza; wati yena wazixelela
njengawo onke lamazwi abewayalelwe
ngukumkani; zada zamyeka, ngokuba
indawo ibingavivwanga. 28 Kwa njalo u-
Jeremiya wahlala enkundhleni yentolongo,
kwada kwangumhla i-Yerusaleme ibi-
banjwa ngawo: kanjako waye*kona* okuya
i-Yerusaleme yabanjwa.

39 NGOMNYAKA wesitoba ka-Zedekiya
ukumkani wo-Juda, ngennyanga ye-
shumi, weza u-Nebukanetsare ukumkani
we-Babilone, nayo yonke impi yake, nga-
kuyo i-Yerusaleme, bayivingcela. 2 Ngom-
nyaka weshumi elinamnye ka-Zedekiya,
ngennyanga yesine, ngowesitoba *umhla*
wennyanga, isixeko sagqojozelwa. 3 Zaza
zangena zonke inkosana zokumkani we-
Babilone, zahlala esangweni lapakati, u-
Neregale-sharetsere, u-Samgari-nebo, u-
Saresekime inkosi yabatenwa, u-Neregale-
sharetsere inkosi yezilumko, nazo zonke
ezinnye inkosana zokumkani we-Babilone.
4 Kwaza kwati, okuya wazibonayo u-
Zedekiya ukumkani wo-Juda, nawo onke
amadoda okulwa, bandula besaba, bapuma
ngobusuku esixekweni, ngendhlela yom-
yezo wokumkani, ngesango elipakati
kwendonga zimbini; wayepuma ngendhlela
yetafa. 5 Kodwa impi yama-Kaledine
yabaputuma, yamfumana u-Zedekiya ema-
tafeni ase-Jeriko, yambamba, yamnyusela
kuye u-Nebukanetsare ukumkani we-Babi-
lone, e-Ribela, elizweni le-Hamati, owateta
imigwebo pezu kwake. 6 Waza ukumkani
we-Babilone wababulala onyana baka-
Zedekiya e-Ribela pambi kwamehlo ake;
nayo yonke imiduna yakwa-Juda wayibu-
lala ukumkani we-Babilone. 7 Wandula
wamfamekisa amehlo ka-Zedekiya, wam-
nxiba ngamakamandela obedu, ukuba asiwe
e-Babilone. 8 Kanjalo indhlu yokumkani,
nezindhlu zabantu, ama-Kaledine azitshisa
ngomlilo; nendonga ze-Yerusaleme azicita.
9 Nesisalela sabantu ababesele esixekweni,
nabapongomi ababepongomele kuye, nesi-
salela sabantu ababesele, u-Nebuzaradane
inkosi yomlisela wabafudusela e-Babilone.
10 Kodwa abangamahlwempu ebantwini,
abo abangenanto, wabasalisa u-Nebuzara-
dane inkosi yomlisela elizweni lakwa-
Juda, wabanika izitiya namasimi ngomhla
lowo.
11 Kekaloku u-Nebukanetsare, ukumka-
ni we-Babilone, wanika umyalezo ngaye
u-Jeremiya ku-Nebuzaradane inkosi yom-
lisela, esiti: 12 Mtabate, ubeke amehlo
ako pezu kwake, ungenzi kuye nento ebu-



University of Fort Hare
Together in Excellence

bubi; koko njengokuba eya kuteta kuwe,
yenza kwa njalo kuye. 13 Waza watuma
u-Nebuzaradane inkosi yomlisela, no-
Nebushazabane inkosi yabatenwa, no-
Neregale-sharetsere inkosi yezilumko, nazo
zonke inkosana zokumkani we-Babilone;
14 batuma ke bamsusa u-Jeremiya enku-
ndhleni yentolongo, bamnikela ku-Gedaliya
unyana ka-Ahikame, unyana ka-Shafane,
ukuba ampumise aye endhlwini: kwa
njalo u-Jeremiya wahlala pakati kwa-
bantu.

15 Kekaloku ilizwi LIKAYEHOVA leza
ku-Jeremiya, nxa abevalelwa enkundhleni
yentolongo, lisiti: 16 Hamba utsho kuye
u-Hebedi-meleke um-Tiyopiya, usiti:

Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti: Bona ke, ndiya kuzisa
amazwi ami pezu kwesixeko esi kube
kokubi, kungabi kokulungileyo; aeya
kubako pambi kwako ngomhla lowo. 17
Kodwa ndiya kuhlangula wena ngomhla
lowo, utsho UYEHOVA; waungayi kunikelwa
esandhleni samadoda lawo uwoyikayo. 18
Ngokuba ndiya kukusindisa ngennyaniso,
waungayi kuwa ngesirele; kodwa ubomi
bako boba lixoba kuwe, ngokokuba ute-
mbele kumi, utsho UYEHOVA.

40 ILIZWI elezayo ku-Jeremiya livela
KUYEHOVA, emveni kwokuba u-Nebu-
zaradane inkosi yomlisela ebemndulule e-
Rama; akuba emtabatile enxityiwe ngemi-
xokolelwane pakati kwabo bonke abatinjwa
base-Yerusaleme nabakwa-Juda, abebefu-
duselwa e-Babilone.

2 Yaza inkosi yomlisela yamtabata u-
Jeremiya, yati kuye: UYEHOVA, UTIXO wa-
ko, utetile elilishwa ngakuyo lendawo. 3
Ewe, UYEHOVA ulizisile, wenzile njengoku-
ba ebeteta: ngokokuba nonile ngakuye
UYEHOVA, ningevanga ilizwi lake nje, ku-
kona nihlelwe yilento. 4 Nakaloku, bona
ke, ndikukulule namhla emixokolelwaneni
ebipezu kwezandhla zako: ukuba kulu-
ngile emehlweni ako ukuza nami e-Babi-
lone, yiza ke, ndandiya kubeka iliso lami
pezu kwako; kodwa ukuba kubi emehlwe-
ni ako ukuza nami e-Babilone, yeka ke:
kangela, ilizwe lonke lipambi kwako;
indawo elungileyo nefaneleyo emehlweni
ako ukuba uye kuyo, yiya kwa kona. 5
Nxa angekabuyi, *yati:* Uze ubuyele ku-
Gedaliya, unyana ka-Ahikame, unyana ka-
Shafane, lowo ukumkani we-Babilone
umenzile umongama pezu kwezixeko
zakwa-Juda, uhlale naye pakati kwabantu;
umhlaumbi uyo apo kusukuba kufanele
emehlweni ako ukuya kona. Yaza inkosi
yomlisela yamnika umpako wendhlela, ne-
baso, yamndulula. 6 Kwa njalo u-Jere-
miya weza ku-Gedaliya unyana ka-Ahi-
kame e-Mitsipa, wahlala nayo pakati kwa-
bantu ababesele elizweni.

7 Zati zakuva zonke inkosi zezimpi
ezibe zisezindhle, zona namadoda azo,
ukuba ukumkani we-Babilone wenzile
u-Gedaliya unyana ka-Ahikame umo-
ngama pezu kwelizwe, nokuba umpatisile
amadoda, nabafazi, nentsapo, namahlwe-
mpu elizwe, abo ababengafuduselwa-
nga e-Babilone, 8 zandula zeza ku-
Gedaliya e-Mitsipa: kwa u-Shimayeli
unyana ka-Netaniya, no-Johanane no-Jona-
tane onyana baka-Kareha, no-Seraya unya-
na ka-Tanehumete, nonyana baka-Hefai
um-Netofati, no-Yezaniya unyana wom-
Mahaka, bona namadoda abo. 9 Waza u-
Gedaliya, unyana ka-Ahikame, unyana
ka-Shafane, wafunga kubo nakumadoda
abo, ngokuti: Ningoyiki ukukonza ama-
Kaledine; hlalani elizweni, nimkonze
ukumkani we-Babilone, kwakuya kulunga
kuni. 10 Kekaloku mina, bona ke, ndiya
kuhlala e-Mitsipa, ukuma ebusweni bama-
Kaledine aya kuza kuti; kodwa nina, bu-
tani iveyine, neziqamo zehlobo, neoli, nizi-
beke ezityeni zenu, nihlale ezixekweni
enizibambileyo. 11 Kanjalo onke ama-
Juda abese-Mowabi, napakati kwosapo
luka-Hamoni, nase-Edome, nalawo abe-
semazweni onke, akuva ukuba ukumkani
we-Babilone ushiyile isisalela so-Juda,
nokuba umisile pezu kwabo u-Gedaliya,
unyana ka-Ahikame, unyana ka-Shafane;
12 andula onke ama-Juda abuya kuzo
zonke indawo apo ebegxotelwe kona, eza
elizweni lakwa-Juda, ku-Gedaliya e-Mi-
tsipa, abuta iveyine, neziqamo zehlobo,
into enninzi kakulu.

13 Kuloko u-Johanane unyana ka-Ka-
reha, nazo zonke inkosi zezimpi ezibe zise-
zindhle, beza ku-Gedaliya e-Mitsipa, 14
bati kuye: Uka wazi na ukuba u-Balisi,
ukumkani wosapo luka-Hamoni, utumile
u-Shimayeli unyana ka-Netaniya ukuza
kukubulala ubomi? Kodwa u-Gedaliya
unyana ka-Ahikame ebengakolwa ngabo.
15 Waza u-Johanane unyana ka-Kareha
wateta ku-Gedaliya ngasese e-Mitsipa,



University of Fort Hare

esiti: Mandihambe ke, ndiye ndimbulale
u-Shimayeli unyana ka-Netaniya, kwaku-
ngayi kubako umntu owaziyo: kunganina
ukuba akubulale ubomi, nokuba onke ama-
Juda abutelweyo kuwe atiwe sa, nesisalela
so-Juda sibube? 16 Kodwa u-Gedaliya
unyana ka-Ahikame wati ku-Johanane
unyana ka-Kareha: Akuyi kuyenza lento,
ngokuba uteta ubuxoki ngaye u-Shimayeli.

41 Kwaye kute ngennyanga yesixenxe,
kweza u-Shimayeli, unyana ka-Neta-
niya, unyana ka-Elishama, owenzalo yobu-
kumkani, nabakulu bokumkani, namadoda
alishumi enaye, ku-Gedaliya unyana ka-
Ahikame e-Mitsipa; baye besidhla kona
isonka ndawonye e-Mitsipa. 2 Waza we-
suka u-Shimayeli unyana ka-Netaniya,
namadoda alishumi abenaye, bambeta u-
Gedaliya, unyana ka-Ahikame, unyana ka-
Shafane, ngesirele, bambulala, lowo uku-
mkani we-Babilone ubemenzile umongama
pezu kwelizwe. 3 Nawo onke ama-Juda
abenaye u-Gedaliya e-Mitsipa, nama-Kale-
dine abefunyanwa kona, amadoda okulwa,
wawabulala u-Shimayeli.

4 Kwaza kwati, ngomhla wesibini emva
kwokubulawa kuka-Gedaliya, xa kunga-
ziwa 'mntu, 5 kweza amadoda evela e-She-
keme, *nase*-Shilo, nase-Samariya, amadoda
angamashumi asibozo, andevu ziguyiweyo,
nazivato zirazukileyo, eziqapule kanjalo,
abeneminikelo nenklakamhlope ezandhleni
zawo, ukuyizisa endhlwini KAYEHOVA. 6
Wandula u-Shimayeli unyana ka-Netaniya
wapuma e-Mitsipa ukuya kuwakaulela,
ehamba emana elila; kwaza kwati, uxa
abehlangana nawo, wati kuwo: Yizani ku-
Gedaliya unyana ka-Ahikame. 7 Kwabe-
kute, nxa abefikile pakati kwesixeko, waza
u-Shimayeli unyana ka-Netaniya wawabu-
lala, *wawaposa* pakati kwomnxuma, yena
namadoda abenaye. 8 Kodwa amadoda
alishumi ebefunyanwa pakati kwawo awati
ku-Shimayeli: Ungasifisi; ngokuba si-
nendyebo ezifihliweyo endhle, innqolowa,
neralasi, neoli, nobusi. Waza wayeka,
engafisanga wona pakati kwabazalwana
bawo. 9 Kekaloku umnxuma apo u-Shi-
mayeli waposela kona zonke izidumbu za-
madoda abewabulele, ngecala lika-Geda-
liya, ngulowo abewenzile ukumkani u-Asa
ngennxa ka-Bahasha ukumkani wo-Sira-
yeli: wona wawuzalisa u-Shimayeli unyana
ka-Netaniya ngababuleweyo. 10 Waza u-
Shimayeli watimba sonke isisalela sabantu
abebese-Mitsipa, intombi zokumkani, nabo
bonke abantu abebesele e-Mitsipa, abo u-
Nebuzaradane inkosi yomlisela ubempati-
sile bona u-Gedaliya unyana ka-Ahikame;
wabatimba ke u-Shimayeli, unyana ka-
Netaniya, wemka ukuya kuwelela elusa-
tsheni luka-Hamoni.

11 Kodwa u-Johanane unyana ka-Ka-
reha, nazo zonke inkosi zezimpi ezibe
zinaye, bakuva bonke ububi abebenzile
u-Shimayeli unyana ka-Netaniya, 12 ba-
suka bawatabata onke amadoda, baya u-
kulwa no-Shimayeli unyana ka-Netaniya,
bamfumana ngasemanzini amakulu ase-
Gibeyone. 13 Kwaza kwati, xeshekweni
bonke abantu abebenaye u-Shimayeli ba-
bona u-Johanane unyana ka-Kareha, nazo
zonke inkosi zezimpi ezibe zinaye, bandula
bavuya. 14 Baza bajika bonke abantu
abebatimbile u-Shimayeli e-Mitsipa, babu-
ya, baya ku-Johanane unyana ka-Kareha.
15 Kodwa u-Shimayeli unyana ka-Neta-
niya wasinda namadoda asibozo ebusweni
buka-Johanane, waya kulo usapo luka-
Hamoni.

16 Waza wasitabata u-Johanane unyana
ka-Kareha, nazo zonke inkosi zezimpi ezibe
zinaye, sonke isisalela sabantu abebabuyi-
sile ku-Shimayeli unyana ka-Netaniya, e-
Mitsipa, emveni kwokuba ebembulele u-
Gedaliya unyana ka-Ahikame, amaroti
angamadoda okulwa, nabafazi, nentsapo,
nabatenwa abebabuyisile e-Gibeyone: 17
basuka bahamba, bahlala e-Gerute-kimu-
hame, ekufupi ne-Beteleheme, ukuya ku-
ngena e-Jipete, 18 ngennxa yama-Kale-
dine; ngokuba bebesoyika wona, ngoko-
kuba u-Shimayeli unyana ka-Netaniya
ebembulele u-Gedaliya unyana ka-Ahika-
me, lowo ukumkani we-Babilone ubeme-
nzile umongama pezu kwelizwe.

42 Kwaza kwasondela zonke inkosi ze-
zimpi, no-Johanane unyana ka-Kare-
ha, no-Yezaniya unyana ka-Hoshaya, nabo
bonke abantu kwa kuye omncinane kwada
kwakuye omkulu, 2 bati ku-Jeremiya
umprofite: Masiti ke isitaruziso setu sibe-
kwe pambi kwako, utandaze ngennxa yetu
KUYEHOVA, UTIXO wako, ngennxa yaso sonke
isisalela esi; (ngokuba sisalisiwe singaba-
ncinane kubo abaninzi, njengokuba amehlo
ako esibona;) 3 ukuba UYEHOVA, UTIXO
wako, asixelele indhlela esinge sihamba
ngayo, nento esinge siyenza. 4 Waza u-
Jeremiya umprofite wati kubo: Ndivile;



University of Fort Hare

bona ke, ndiya kutandaza KUYEHOVA, UTIXO
wenu, njengamazwi enu; kwakuya kuti,
into asukuba eya kunipendula yona UYE-
HOVA, ndoyixela kuni; andiyi kubamba
nannye into kuni. 5 Baza bati ku-Jere-
miya: UYEHOVA makabe linqìna lennene
nelennyaniso pakati kwetu, lokuba kwoba
njengazo zonke izinto UYEHOVA, UTIXO
wako, aya kukutuma kuti ngazo, esiya
kwenje njalo! 6 Nokuba kumnandi, no-
kuba kubi, siya kuliva ilizwi LIKAYEHOVA,
UTIXO wetu, esikutumayo kuye; ukuze
kulunge kuti, nxa sivayo ilizwi LIKAYE-
HOVA, UTIXO wetu.
7 Kwaye kute ekupeleni kwemihla ili-
shumi, landula ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
Jeremiya. 8 Waza wabiza u-Johanane
unyana ka-Kareha, nazo zonke inkosi ze-
zimpi ezibe zinaye, nabo bonke abantu kwa
kuye omncinane kwada kwakuye omkulu,
9 wati kubo: Utsho UYEHOVA, UTIXO wo-
Sirayeli, enandituma kuye ukuya kubeka
isitaruziso senu ebusweni bake, ukuti: 10
Ukuba niya kumana ukuhlala kwelilizwe,
ndiya kwandula ndinake, ndinganiciti;
ndinityale, ndinganidonyuli; ngokuba ndi-
nosizi pezu kwelishwa endinenzele lona.
11 Ningamoyiki ukumkani we-Babilone,
enimoyikayo; ningamoyiki, utsho UYE-
HOVA: ngokuba ndinani mina ukunisindisa,
nokunihlangula esandhleni sake. 12 Nda-
ndiya kunenzela izibele, aze abe nobubele
ngakuni, anibuyisele kowenu umhlaba.
13 Kodwa ukuba niti: Asiyi kuhlala kwe-
lilizwe, ningapulapuli nje ilizwi LIKAYE-
HOVA, UTIXO wenu, 14 nisiti: Hai, koko
siya kuya elizweni le-Jipete, apo singayi
kubona imfazwe kona, nenklokoma yexilo-
ngo singayi kuyiva, nesonka singayi kusi-
lambela; nakona siya kuhlala: 15 kaloku,
ngoko ke, yivani ilizwi LIKAYEHOVA, nina
'sisalela so-Juda! Utsho UYEHOVA wemi-
kosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Ukuba
niyagqibela ukubekisa ubuso benu ukuya
e-Jipete, nize niye ukupambukela kona;
16 kwoza kuti, irele, eniloyíkayo, lonifikela
kona elizweni le-Jipete; nendhlala, eniyi-
xaleleyo, yoti nama ukunilandela kona e-
Jipete, nakona niya kufa. 17 Aeya kuti
onke amadoda abekisayo ubuso bawo ukuya
e-Jipete ukupambukela kona, afe ngesirele,
*na*ngendhlala, nangesifo esibubisayo; a-
kuyi kubako kuwo nannye eseleyo, nesi-
ndileyo elishweni endiya kulizisa pezu
kwawo. 18 Ngokuba esitsho UYEHOVA we-
mikosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Njengo-
kuba kugalelwe ingqumbo yami noburala-
rume bami pezu kwabemi base-Yerusaleme,
kwa njalo uburalarume bami buya kugale-
lwa pezu kwenu, nxa niya kungena e-
Jipete: naniya kuba yinto yokunywebe-
lelwa, neyokutelwa nqa, nesiqalekiswa,
nesigxekwa; nalendawo aniyi kubuya ni-
yibone.
19 UYEHOVA utetile kuni, nina 'sisalela
so-Juda! Ningayi e-Jipete: qinisani
ukwazi ukuba ndiniyalile namhla. 20 O-
kunene niyaposisa ngakweyenu imipefu-
mlo; ngokuba ninditumile KUYEHOVA, UTIXO
wenu, nisiti: Sitandezele KUYEHOVA, UTIXO
wetu, nanjengako konke aya kukutsho
UYEHOVA, UTIXO wetu, sixelele ngokunjalo,
sasiya kukwenza. 21 Ndinixelele kambe
namhla; kodwa anipulapulanga kulo ilizwi
LIKAYEHOVA, UTIXO wenu, nakuko konke
anditumele kona kuni. 22 Ngako kaloku,
qinisani ukwazi ukuba niya kufa ngesirele,
*na*ngendhlala, nangesifo esibubisayo, enda-
weni apo ninxamele ukuya ukupambukela
kona.

43 Kwaza kwati, akuba u-Jeremiya egqi-
bile ukuteta kubo bonke abantu onke
amazwi KAYEHOVA, UTIXO wabo, lawo UYE-
HOVA, UTIXO wabo, ubemtumile *nawo* kubo,
kwa onke lamazwi; 2 wandula wateta u-
Hazariya unyana ka-Hoshaya, no-Johanane
unyana ka-Kareha, nawo onke amadoda
aratshileyo, esiti ku-Jeremiya: Uyateta
ngobuxoki; UYEHOVA, UTIXO wetu, akaku-
tumanga ukuti: Aniyi kuya e-Jipete uku-
pambukela kona; 3 koko u-Baruke unyana
ka-Neriya ekuvusile ngakuti, ukuze sini-
kelwe esandhleni sama-Kaledine, ukuba
asifise, umhlaumbi asifudusele e-Babilone.
4 Kwa njalo u-Johanane unyana ka-Kareha,
nazo zonke inkosi zezimpi, nabo bonke
abantu, bebengapulapuli ilizwi LIKAYE-
HOVA, lokuba bahlale elizweni lakwa-Juda.
5 Kodwa u-Johanane unyana ka-Kareha,
nazo zonke inkosi zezimpi, batabata sonke
isisalela so-Juda, abebebuyile kuzo
zonke izizwe, apo bebegxotelwe kona,
ukuza kuhlala elizweni lakwa-Juda; 6
amadoda, nabafazi, nentsapo, nentombi
zokumkani, nabo bonke abantu u-Nebu-
zaradane inkosi yomlisela abebashiyile naye
u-Gedaliya, unyana ka-Ahikame, unyana
ka-Shafane, no-Jeremiya umprofite, no-
Baruke unyana ka-Neriya. 7 Kwa njalo
baya elizweni le-Jipete; ngokuba bebe-



University of Fort Hare

ngapulapuli ilizwi LIKAYEHOVA: bada ba-
fika e-Tahapanesi.

8 LANDULA ilizwi LIKAYEHOVA leza
ku-Jeremiya e-Tahapanesi, lisiti: 9 Ta-
bata esandhleni sako amatye amakulu,
uwaselele eludakeni endaweni yokugqwa-
gqwa izitene, engasemnyango wendhlu ka-
Faro e-Tahapanesi, pambi kwamehlo ama-
Juda, 10 uti kuwo:
Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti: Bona ke, ndiya kutuma
ndimtabate u-Nebukanetsare ukumkani
we-Babilone, isicaka sami, ndiyibeke ite-
rone yake pezu kwalamatye endiwasele-
leyo; waeya kulolula ilengalenga elihle
lake pezu kwawo. 11 Waeya kuza abete
ilizwe le-Jipete: abo ba*mis*elwe ukufa,
*wobanikela* ekufeni; nabo ba*mis*elwe uku-
tinjwa, ekutinjweni; nabo ba*mis*elwe isire-
le, esireleni. 12 Ndandiya kupemba umlilo
ezindhlwini zotixo base-Jipete; waeya ku-
batshisa, wobatimba kanjalo; uya kwambata
ilizwe le-Jipete, njengokuba umalusi esa-
mbata ingubo yake, apume kona ngoxolo.
13 Nentsika *zamatye* zendhlu yelanga, ese-
lizweni le-Jipete, uya kuziqekeza; ne-
zindhlu zotixo base-Jipete uya kuzitshisa
ngomlilo.

44 Ilizwi elezayo ku-Jeremiya ngawo
onke ama-Juda abehlala elizweni le-
Jipete, abehlala e-Migidole, nase-Tahapa-
nesi, nase-Nofe, nasezweni le-Patrose, lisi-
ti: 2 Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti: Nibonile lonke ilishwa
endilizisileyo pezu kwe-Yerusaleme, na-
pezu kwazo zonke izixeko zakwa-Juda;
kekaloku bona ke, ziyingcitakalo namhla
nje, kungeko ohlala kuzo; 3 ngenxa yen-
kohlakalo yabo abayenzileyo ukundiqu-
mbisa, ngokuya ukuqumisa, *n*okukonza
otixo bambi, abo abangabazanga, bona,
nani, noyihlo benu. 4 Ndandituma kuni
zonke izicaka zami abaprofite, ndivuka
kusasa ndizituma, ndisiti: Zeningayenzi
ke lento ebuntshontsho endiyitiyayo. 5 A-
bapulapulanga noko, abatobelanga indhle-
be yabo kanjalo, ukuguquka kuyo inko-
hlakalo yabo, ukuba bangaqumiseli otixo
bambi. 6 Ngako batululwa uburalarume
bami nengqumbo yami, obatshayo ezixe-
kweni zakwa-Juda nasezitarateni ze-Yeru-
saleme, zada zaba yingcitakalo nentshaba-
lalo, njengokwanamhla nje.
7 Ngako kaloku, utsho UYEHOVA, UTIXO
wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Ku-
nganina ukuba niyenza inkohlakalo enkulu
*kangaka* ngakuyo imipefumlo yenu, ukuba
ninqanyulwe, indoda nomfazi, umntwana
nosana, pakati kwo-Juda, nide ningashiye-
lwa isisalela; 8 ngokundiqumbisa nge-
misebenzi yezandhla zenu, ngokuqumisela
otixo bambi elizweni le-Jipete, apo nize
ukupambukela kona, ukuze ninqanyulwe,
nokuze nibe sisiqalekiswa nesigxekwa
pakati kwezizwe zonke zomhlaba? 9 Seni-
libele na izikohlakalo zoyihlo benu, nezi-
kohlakalo zokumkani bo-Juda, nezikohla-
kalo zabafazi babo, nezenu izikohlakalo,
nezikohlakalo zabafazi benu, ezona baze-
nzileyo elizweni lakwa-Juda, nasezitara-
teni ze-Yerusaleme? 10 Abagqobokanga
kwada kwanamhla nje, aboyikanga no-
kwoyika, abahambanga emtetweni wami
kanjako, nasemimisweni yami, endandi-
yibeka pambi kwenu, napambi kwoyihlo
benu.
11 Ngako oko, utsho UYEHOVA wemi-
kosi, UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Bona ke,
ndiya kubeka ubuso bami ngakuni kube
kokubi, nokuba ndibanqamle o-Juda
bonke. 12 Ewe, ndiya kutabata isisalela
so-Juda, abo babubekisile ubuso babo
ukuza elizweni le-Jipete ukupambukela
kona, babeya kugqitywa bonke; elizweni
le-Jipete baya kuwa ngesirele, baya ku-
gqitywa ngendhlala, kwa kuye omnci-
nane kude kube kuye omkulu; ngesirele
nangendhlala baya kufa; babeya kuba
yinto yokunywebelelwa, *n*eyokutelwa nqa,
nesiqalekiswa, nesigxekwa. 13 Ngokuba
ndiya kubabeta abo bahleli elizweni le-
Jipete, njengokuba ndiyibetile i-Yerusa-
leme, ngesirele, *na*ngendhlala, nangesifo
esibubisayo: 14 kude kungabiko osindi-
leyo noseleyo kwisisalela so-Juda, aba-
zileyo ukupambukela kona elizweni le-
Jipete, abaya kubuyela kulo ilizwe lakwa-
Juda, elo balangazelelayo ukubuyela kulo,
ukuba bahlale kona; ngokuba bengayi ku-
buya, kupela ngabasindayo.
15 Aza onke amadoda abesazi ukuba
abafazi bawo baqumisele otixo bambi, na-
bo bonke abafazi abebemi ngakona, umhla-
mbi omkulu, nabo bonke abantu abebe-
hlala elizweni le-Jipete, e-Patrose, bam-
pendula u-Jeremiya, besiti: 16 Ilizwi
ulitetileyo kuti egameni LIKAYEHOVA, asiyi
kupulapula kuwe. 17 Koko siya kukwo-
nza ngomnyaniso konke okusukuba kupu-



University of Fort Hare

ma emlonyeni wetu, ukuqumisela ukumka-
nikazi wezulu, nokumtululela iminikelo
yokusela, njengokuba senje njalo, tina no-
bawo betu, okumkani betu nenkosana zetu,
ezixekweni zakwa-Juda, nasezitarateni ze-
Yerusaleme; okuya sibe sihluti sisonka,
sibe sinyamnyekile, nelishwa besingali-
boni. 18 Kodwa kuseloko sayekayo uku-
qumisela ukumkanikazi wezulu, nokumtu-
lulela iminikelo yokusela, siswele izinto
zonke, sigqityiwe ngesirele nangendhlala.
19 Naxeshekweni sibe siqumisela ukumka-
nikazi wezulu, samtululela iminikelo yo-
kusela, bekungapandhle kwamadoda etu
na, ukuba samenzela izonkanyana ukum-
bedesha, nokuba samtululela iminikelo
yokusela?

20 Waza wateta u-Jeremiya kubo bonke
abantu, kuwo amadoda, nakubo abafazi,
nakubo bonke abantu abebempendule nge-
lizwi *elo*, esiti: 21 Isiqumiso enanisiqu-
misa ezixekweni zakwa-Juda, nasezitara-
teni ze-Yerusaleme, nina noyihlo benu,
okumkani benu nenkosana zenu, nabantu
belizwe, asi siso na esikunjulweyo NGUYE-
HOVA, nesangenayo enkliziyweni yake?
22 Waye UYEHOVA wayengasenako uku-
nyamezela inkohlakalo yezenzo zenu,
izinto ezibuntshontsho enazenzayo; ngako
ilizwe lenu laba yingcitakalo, nento yoku-
telwa nqa, nesiqalekiswa, lingenabemi,
njengokwanamhla nje. 23 Ngennxa yo-
kuba niqumisile, nokuba nonile ngakuye
UYEHOVA, ningalivanga ilizwi LIKAYEHOVA,
ningahambanga nokuhamba emtetweni
wake, nasemimisweni yake, nasezinqìne-
lweni zake, kukona nihlelwe lilishwa eli,
njengokwanamhla nje.

24 Walekela u-Jeremiya wati kubo
bonke abantu, nakubo bonke abafazi: Yi-
vani ilizwi LIKAYEHOVA, nonke nina bo-
Juda abaselizweni le-Jipete! 25 Utsho
UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli,
esiti: Nina, nabafazi benu, senitetile nge-
milomo yenu, nazalisekisa ngezandhla ze-
nu, nisiti: Siya kufeza ngennyaniso iziba-
mbiso zetu esibambisile ngazo, zokuqumi-
sela ukumkanikazi wezulu, nokumtululela
iminikelo yokusela; izibambiso zenu baya
kuziqinisa ngennyaniso, ewe, izibambiso
zenu baya kuzifeza ngennyaniso. 26 Ngako
oko yivani ilizwi LIKAYEHOVA, nonke
nina bo-Juda abahleli ezweni le-Jipete!
Bona ke, ndifungile igama lami elikulu,
utsho UYEHOVA, ukuba igama lami aliyi
kubuya libizwe ngumlomo wennye indoda
yakwa-Juda, kulo lonke ilizwe le-Jipete,
isiti: Ihleli nje INKOSI ENGUYEHOVA! 27
Bona ke, ndiya kulinda pezu kwabo kubo
kokubi, kungabi kokulungileyo; aye onke
amadoda akwa-Juda aselizweni le-Jipete
eya kugqitywa ngesirele nangendhlala,
ade apeliswe. 28 Kodwa abasindileyo
kwisirele baya kubuya elizweni le-Jipete
baye elizweni lakwa-Juda, bebancinane
inani labo; baze bonke abesisalela so-
Juda, abangenileyo e-Jipete ukuza ku-
pambukela kona, bazi lelikabanina ilizwi
eliya kuma, elami, elabo kusinina.

29 Nguwo lo oya kuba ngumqondiso
kuni, utsho UYEHOVA, wokuba ndiya ku-
nibeta kulendawo, ukuze nikwazi oko-
kuba amazwi ami aya kunimela ngokwen-
nyaniso kube kokubi: 30 Utsho UYEHOVA
ukuti: Bona ke, ndiya kunikela u-Faro
Hofera, ukumkani we-Jipete, esandhleni
sentshaba zake, nesesandhleni sabo aba-
bufunayo ubomi bake, njengokuba ndani-
kela u-Zedekiya ukumkani wo-Juda, esa-
ndhleni sika-Nebukanetsare ukumkani
we-Babilone, utshaba lwake, nowafuna
ubomi bake.

45 ILIZWI owalitetayo u-Jeremiya
umprofite ku-Baruke unyana ka-Ne-
riya, akuba ebebàlile lamazwi encwadini
ngomlomo ka-Jeremiya, ngomnyaka we-
sine ka-Yoyakime unyana ka-Josiya uku-
mkani wo-Juda, lisiti: 2 Utsho UYEHOVA,
UTIXO wo-Sirayeli, ngawe, Baruke! ukuti:
3 Ubusiti: Hai ke ubunzima bami! ngo-
kuba UYEHOVA elwongezile usizi ebuhlu-
ngwini bami; ndidiniwe kukugula kwami,
nokupumla andikufumani. 4 Uya kutsho
kuye ukuti: UYEHOVA utsho ukuti: Bona
ke, oko ndikwakileyo ndokucita, noko ndi-
kutyalileyo ndokudonyula, kwa lonke eli-
lizwe. 5 Uze wena uzifunele na izinto
ezinkulu? Zungazifuni; ngokuba, bona
ke, ndiya kuzisa ilishwa pezu kwoluntu
lwonke, utsho UYEHOVA; kodwa ubomi
bako ndobunika kuwe bube lixoba kuzo
zonke indawo apo uya kona.

46 ILIZWI LIKAYEHOVA elezayo ku-Jere-
miya ngabo abaheyideni: 2 Ngayo
i-Jipete, ngayo impi ka-Faro Neko uku-
mkani we-Jipete, ebingasemlanjeni wom-
Ferate e-Karakemishe, owati u-Nebukane-
tsare ukumkani we-Babilone wayibeta



University of Fort Hare

ngowesine umnyaka ka-Yoyakime unyana
ka-Josiya ukumkani wo-Juda.
3 Lungisani ikakana nekaka, nisondele
ekulweni. 4 Bopani amahashe, nijiwule,
nina 'bakweli! zimiseni nineminqwazi;
gudisani izikali, yambatani ihempe zentsi-
mbi. 5 Yinina lento ndibabona betusiwe,
benqandiwe ngomva? Kwa amagora abo
acitiwe, ewe ayenza intsabo kupela, aka-
beki ngomva; isoyikiso singamacala onke,
utsho UYEHOVA. 6 Onamendu akayi kwe-
saba, noligora akayi kusinda; ngasenode,
ecaleni lomlambo wom-Ferate, baya kukù-
beka, baya kuwa. 7 Ngubanina lo enyuka
njengomlambo, omanzi azamazama njenge-
misinga? 8 I-Jipete iyanyuka njengom-
lambo, namanzi ayazamazama njengemi-
singa; iti: Ndiya kunyuka, ndiya kugu-
bungela umhlaba; ndiya kutshabalalisa
izixeko, nabahlala kuzo. 9 Jiwulani ema-
hasheni, maziti dhlongodhlongo innqwelo,
namagora makapume ke; ama-Tiyopiya
nama-Pute epete ikakana, nama-Ludi epete
isipeta es*it*yeda. 10 Ngokuba umhla lo
ngoWENKOSI, KAYEHOVA wemikosi, umhla
wempindezelo apindezelwe ezintshabeni
zake, nxa irele liya kudhla, lihlute, linxi-
liswe ngegazi lazo; ngokuba INKOSI, UYE-
HOVA wemikosi, inombingo elizweni lase-
node ngasemlanjeni wom-Ferate.
11 Nyuka uye e-Gileyadi, utabate itsori,
ntombi ipela yase-Jipete! Ufumana uwa-
ndisa amayeza; akuko impiliso kuwe. 12 Izi-
zwe zivile ihlazo lako, nesikalo sako siza-
lisile umhlaba; ngokuba igora likùbekile
ngakulo igora, awile ndawonye omabini.
13 Ilizwi owaliteta UYEHOVA ku-Jere-
miya umprofite, ngokuza kuka-Nebukane-
tsare ukumkani we-Babilone ukubeta ili-
zwe le-Jipete:
14 Shumayelani e-Jipete, nivakalise e-
Migidole; ewe, vakalisani e-Nofe nase-
Tahapanesi; niti: Zimise, uzilungiselele,
ngokuba irele lisidhla ngento ekungqonga-
yo. 15 Yinina lento amaroti ako akuku-
lisiwe? Akema, ngokuba UYEHOVA ewa-
penule. 16 Uyandisa abakùbekayo, ewe,
bayankliteka 'omnye ngakuye omnye;
bati: Sukani, masibuyele ebantwini bako-
wetu, naselizweni lokuzalwa kwetu, ngen-
nxa yesirele esibandezelayo. 17 Bada-
nduluka kona, *besiti:* u-Faro, ukumkani
we-Jipete, uyintshabalalo; ixesha elimi-
selweyo ulidhlulisile. 18 Ndihleli nje,
utsho ukumkani, ogama liNGUYEHOVA we-
mikosi, ngennyaniso, njengokuba i-Tabore
ipakati kwentaba, ne-Karamele ingaselwa-
ndhle, uyeza! 19 Zenzele impahla zoku-
fuduka, wena 'ntombi umiyo e-Jipete!
ngokuba i-Nofe yoba yinto yokucitaka-
liswa, neyokufacwa, ingenabemi. 20 I-
Jipete ilitokazi elihle kakulu; intshabala-
liso ivela enode ingenile kuyo. 21 Kwa
abaqeshwa abapakati kwayo banjengama-
tole atyetyisiweyo; koko kwa bona baji-
kile, besabile kunye, abemanga: ngokuba
umhla wembujiswa yabo ize pezu kwabo,
ixesha lokwohlwaywa kwabo. 22 Ilizwi
layo liya kupuma njengelennyoka; ngo-
kuba beya kuhamba ngoburoti, beze nga-
kuyo namazembe, njengabagauli bemiti.
23 Baya kuhlahla ihlati layo, utsho UYE-
HOVA, nangona lingapandekiyo; ngokuba
bebaninzi pezu kwenkumbi, ewe, abana-
kubalwa. 24 Intombi yase-Jipete ida-
nisiwe, inikelwe esandhleni sabantu base-
node. 25 Uti UYEHOVA wemikosi, UTIXO
wo-Sirayeli: Bona ke, ndiya kwohlwaya
u-Amoni wase-No, no-Faro, ne-Jipete, no-
tixo bayo, nokumkani bayo, kwa u-Faro,
nabo batemba kuye. 26 Ndandiya kubani-
kela esandhleni sabo babufunayo ubomi
babo, kwa sesandhleni sika-Nebukanetsare
ukumkani we-Babilone, nasesandhleni
sezicaka zake: kodwa emva kwoko iya
kumiwa njengasemihleni yakudala, utsho
UYEHOVA.
27 Kodwa wena, ungoyiki, sicaka sami
'Yakobi! ungetuswa kanjalo, Sirayeli!
ngokuba, bona ke, ndiya kukusindisa kwa
kude, nenzalo yako elizweni lokutinjelwa
kwabo; waeya kubuya u-Yakobi, abe
nokupumla, onwabe, kungeko oya kum-
nkwantyisa. 28 Ungoyiki, sicaka sami
'Yakobi! utsho UYEHOVA, ngokuba ndinawe
mina; nangona ndikwenza ukugqitywa
kuzo zonke izizwe apo ndikugxotele kona,
andiyi kwenzela wena ukugqitywa noko;
kodwa ndiya kukwohlwaya ngokufanele-
kileyo, ndingagqibeli ukukuyeka ungabi
natyala.

47 ILIZWI LIKAYEHOVA elezayo ku-Jere-
miya umprofite ngawo ama-Filistiya,
engekabeti i-Gaza u-Faro. 2 Utsho UYE-
HOVA ukuti:
Bona ke, amanzi ayanyuka enode, aya
kuba ngumsinga okukulayo, akukulele
ilizwe nokuzala kwalo, isixeko nabahlala
kuso; bade bakale abantu, balile bonke



University of Fort Hare

abemi belizwe, 3 ngennxa yenklokoma
yokungqisha kwempupu *zamahashe* ake
anamandhla, ngennxa yokuti qaka kwen-
nqwelo zake, yokugunguza kwevili zake:
oyise abajikeli kubo abantwana ngokupole-
lwa kwezandhla; 4 ngennxa yomhla ozayo
ukucitakalisa onke ama-Filistiya, uku-
nqamlela i-Tire ne-Tsidone bonke abancedi
abaseleyo; ngokuba UYEHOVA eya kucita-
kalisa ama-Filistiya, isisalela sabesiqiti se-
Kafetori. 5 Ubunqai buze pezu kwe-Gaza;
i-Ashekelone ibujisiwe, *kunye* nesisalela
sabomhlambo wabo: kude kube ninina uya
kuziqapula? 6 Au, sirele SIKAYEHOVA!
kude kube ninina ungayi kulala? zifake
esinxobeni sako; pumla, uti tu. 7 Ungati
nina ukulala? ngokuba UYEHOVA esiyalezele
ngakuyo i-Ashekelone, nangakulo unxwe-
me lwolwandhle; usinqopisele kwa kona.

48 NGAYO i-Mowabi.
Utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-
Sirayeli, ukuti: Kwoba nzima kuyo i-Nebo,
ngokuba icitakalisiwe; i-Kiriyatayime ida-
nisiwe, ibanjiwe; i-Misigabe idanisiwe,
imatisiwe. 2 Ukuqayisa kwe-Mowabi
ngayo i-Heshebone akuseko; baqingile
ilishwa ngakuyo, *besiti*: Yizani, siye si-
yinqamle ingabi sisizwe; nawe, Madi-
mene! uya kubujiswa; isirele sokula-
ndela. 3 Ilizwi lesikalo livela e-Horo-
nayime, ucitakalo notshabalalo olukulu.
4 I-Mowabi itshabalele; abancinane bayo
bavakalisile isikalo. 5 Ngokuba eqine-
ni lase-Luhiti ukulila kunyuka pezu
kwokulila: ngokuba etambekeni lase-Ho-
ronayime intshaba zisiva isikalo sotsha-
balalo. 6 Sabani, sindisani ubomi benu,
nibe njengomti weharohere enklango. 7
Ngokuba ngennxa yokutemba kwako emi-
sebenzini yako nasezindyetyeni zako, uya
kubanjwa nawe; no-Kemoshe yena uya
kumka aye ekutinjweni, abaperisite bake
nenkosana zake kwa kunye. 8 Kanjalo
umfaci uya kuza ezixekweni zonke, side
singasindi nasinye isixeko: umhlambo
nawo woti tshabalala, netafa liya kucita-
kaliswa, njengokuba etshilo UYEHOVA. 9
Nikani amapiko kuyo i-Mowabi, ize iba-
leke imke ke, nezixeko zayo zibe yingcita-
kalo, kungabiko ohlala kuzo. 10 Maka-
qalekiswe lowo owenza umsebenzi KAYE-
HOVA ngenkohliso; makaqalekiswe nalowo
obambayo isirele sake egazini.
11 U-Mowabi ube wonwabile kwa sebu-
tsheni bake, upumlile ezinklengeni zake;
akatululwanga kwifatye ngefatye, akaya-
nga ekutinjweni kanjako; ngako oko iso-
ngo sake simi kuye, nevumba lake aligu-
qukanga. 12 Ngako oko, bona ke, imihla
iyeza, utsho UYEHOVA, nxa ndiya kutuma
kuye abapenuli, abaya kumpenula, nefa-
tye zake baya kuzenza zé, namagubu abo
bowaqoba. 13 Waye u-Mowabi eya ku-
danela u-Kemoshe, njengokuba indhlu ka-
Sirayeli ibidanela i-Betele, itemba labo.
14 Ungati nina ukuti: Singamagora
tina, namadoda amandhla ekulweni? 15
U-Mowabi ucitiwe, nezixeko zake zinyu-
kile *ngomsi*: abanyulwa kwamadodana ako
behlele ekubulaweni; utsho ukumkani,
ogama LINGUYEHOVA wemikosi. 16 Ingozi
ka-Mowabi ikufupi ukuza, nelishwa lake
liyanxama kakulu. 17 Mnewineleni, nina
nonke abamgqongayo, nani nonke abala-
ziyo igama lake; yitini: Injanina ukwa-
puka intonga enamandhla, uswazi oluhle!
18 Yihla ebungewaliseni, uhlale pantsi
enxanweni, wena 'mhlalikazi, ntombi yase-
Dibone! ngokuba umciti ka-Mowabi eya
kunyuka ngakuwe: uya kuzonakalisa in-
nqaba zako. 19 Yima endhleleni, uqolosele,
wena 'mhlalakazi wase-Harohere! Buza
*indoda* esabileyo, n*omfazi* osindileyo, uti:
Yinto nina ehlileyo? 20 U-Mowabi udani-
siwe, ngokuba etiwe shwaqe; lila, ukale;
xelani e-Arenone, ukuba u-Mowabi ucitiwe.
21 Kufikile umgwebo napezu kwelizwe eli-
butafa; pezu kwe-Holone, napezu kwe-Ya-
hetsa, napezu kwe-Mefahate, 22 napezu kwe-
Dibone, napezu kwe-Nebo, napezu kwe-
Bete-dibelatayime, 23 napezu kwe-Kiriya-
tayime, napezu kwe-Bete-gamule, napezu
kwe-Bete-mehone, 24 uapezu kwe-Keri-
yote, napezu kwe-Botsera, napezu kwazo
zonke izixeko zelizwe le-Mowabi, ezikude
nezikufupi. 25 Upondo luka-Mowabi lu-
nqunyulwe, nengalo yake yapukile, utsho
UYEHOVA. 26 Mnxiliseni; ngokuba ezenze
mkulu ngakuye UYEHOVA; aze u-Mowabi
aqikileke emhlanzweni wake, abe yinto
yokugculelwa kwa yena. 27 Ngokuba
ebengeyinto yokugculelwa kuwe na, u-
Sirayeli? ebefunyanwa pakati kwamasela
na? ngokuba uxa ubusukuba uteta ngaye,
wahlunguzela inkloko. 28 Shiyani izi-
xeko, nihlale eweni, nina 'bemi bakwa-
Mowabi! nize nibe njengehobe, eliyenza
indhlu yalo emacaleni omlomo womqolo-
mba. 29 Sivile iratshi lika-Mowabi, (unc-



University of Fort Hare

ratshi kakulu,) uqanqalazo lwake, nera-
tshi lake, nokuzidhla kwake, nobupaka-
mo benkliziyo yake. 30 Ndiyazi mina
ukukukumala kwake, utsho UYEHOVA, u-
kuba kokungendawo; ilwimi zake zikwe-
nzile okungendawo. 31 Ngako oko ndiya
kulila pezu kwe-Mowabi, ewe, ndoyika-
lela i-Mowabi yonke; amadoda ase-Kire-
harese *inkliziyo yami* yowanewinela. 32
Ngokulila kwabase-Yahezere ndiya kuli-
lela wena, mti weveyine wase-Sibama!
amahlumelo ako agqitela elwandhle, afike-
lela elwandhle lwase-Yahezere: pezu kwe-
ziqamo zehlobo zako napezu kwokuvunwa
kwemiti yeveyine yako umfaci uwile. 33
Kususiwe uvuyo nomgcobo entsimini ecu-
mileyo, kwa selizweni le-Mowabi; ngo-
kuba ndipelisile iveyine ezincinezelweni;
akuyi kubako oxovulayo ngomemezo: u-
memezo *lwabo* aluyi kuba lulo umemezo.
34 Ngennxa yesikalo se-Heshebone kwada
kwase-Elehale, kwada kwase-Yahetsa, ba-
kupile ilizwi labo, kwa se-Tsohare kwada
kwase-Horonayime, *njeng*etokazi elimi-
nyaka mitatu: ngokuba amanzi ase-Nimra
eyingcitakalo nawo. 35 Ndandiya kupe-
lisa e-Mowabi, utsho UYEHOVA, lowo oni-
kela *pezu* kwendawo epakamileyo, nalowo
oqumisela otixo bake. 36 Ngako oko inkli-
ziyo yami yohlokomela i-Mowabi njenge-
milozi, ewe, inkliziyo yami yohlokomela
amadoda ase-Kire-harese njengemilozi,
ngennxa yokuba ubuninzi abuqwebileyo
bububile. 37 Okunene inkloko zonke
zibunqai, nazo zonke indevu ziguyiwe;
pezu kwezandhla zonke kuko iziqapulo,
napezu kwezinqe inklakanklaka. 38 Pezu
kwezindhlu zonke zase-Mowabi, nakuzo
zonke izitarate zayo, kuko isijwili; ngo-
kuba ndiqekezile i-Mowabi njengesitya
ekungeko innyamekelo kuso, utsho UYE-
HOVA. 39 Bayalila *ngokuti:* Injanina uku-
tiwa shwaqe! Unjanina u-Mowabi uku-
nika umhlana ngokudana! Kwa njalo u-
Mowabi woba yinto yokugculelwa nesi-
tuso kubo bonke abamngqongayo. 40
Ngokuba esitsho UYEHOVA ukuti: Bona
ke, uya kubaleka njengokozi, atwabu-
lule amapiko ake pezu kwe-Mowabi. 41
I-Keriyote ibanjiwe, nennqaba zitinjiwe;
yoti inkliziyo yamagora akwa-Mowabi
ngomhla lowo ibe njengenkliziyo yomfazi
osenimbeni. 42 Ngokuba u-Mowabi eya
kutshatyalaliswa angabi ngabantu, ngoko-
kuba ezenze mkulu ngakuye UYEHOVA.
43 Isoyikiso, nesihogo, nomgibe, zipezu
kwako, wena umiyo kwa-Mowabi! utsho
UYEHOVA. 44 Lowo usabayo isoyikiso, uya
kweyela esihogweni; nalowo unyukayo
esihogweni, uya kubanjiswa emgibeni:
ngokuba ndiya kuzisa pezu kwayo i-
Mowabi umnyaka wokwohlwaywa kwabo,
utsho UYEHOVA. 45 Abasabileyo bema be-
ngenamandhla emtunzini we-Heshebone;
koko kupumile umlilo e-Heshebone, nela-
ngatye kwa pakati kwe-Sihone, odhlileyo
amacala ase-Mowabi, nokakai lwonyana
bempitimpiti. 46 Kwoba nzima kuwe,
Mowabi! abantu baka-Kemoshe batshaba-
lele; ngokuba onyana bako besuselwe eku-
tinjweni, nentombi zako ekutinjweni. 47
Kodwa ndiya kubuyisa ukutinjwa kwe-
Mowabi emihleni yokupela, utsho UYEHOVA.
Kude kube lapa ngumgwebo ngayo i-
Mowabi.

49 NGALO usapo luka-Hamoni.
Utsho UYEHOVA ukuti: u-Sirayeli
akanabo onyana na? akanayo indhlalifa
na? Kuyinina ukuba ukumkani walo
uyalidhla ilifa lika-Gadi, nokuba abantu
bake bahleli ezixekweni zake? 2 Ngako
oko, bona ke, imihla iyeza, utsho UYEHOVA,
nxa ndiya kuvakalisa e-Raba yosapo luka-
Hamoni isimemezo sokulwa, yaiya kuba
yimfumba eyonakeleyo, namagxamesi ayo
aya kutshiswa ngomlilo; waye u-Sirayeli
eya kufuya abo abebemfuyile yena, utsho
UYEHOVA. 3 Lila, Heshebone! ngokuba
i-Habai icitakalisiwe; kalani, nina 'zin-
tombi zase-Raba! binqani ngenklaka-
nklaka; yenzani isijwili, nisukasuke nga-
sezindongeni; ngokuba ukumkani walo
esiya ekutinjweni, abaperisite bake nenko-
sana zake kwa kunye. 4 Yinina ukuba
uqayise ngemihlambo? umhlambo wako
uyela *ngegazi,* wena 'ntombi epambuki-
leyo! ebitembela kuzo indyebo zayo, *isiti;*
Ngubanina oya kuza kumi? 5 Bona ke,
ndiya kuzisa pezu kwako isoyikiso, itsho
INKOSI, UYEHOVA wemikosi, sivela kubo
bonke abakungqongayo; naniya kugxo-
twa, abanye ngabanye besiti ngqo, kungayi
kubako namnye obuta abadungudelayo.
6 Kodwa emva kwoko ndiya kubuyisa
ukutinjwa kwosapo luka-Hamoni, utsho
UYEHOVA.

7 NGAYO i-Edome.
Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Abu-





University of Fort Hare

seko ubulumko na e-Temani! Bububile na
ubucebo kubo abanokuqonda? Bugqibe-
kile na ubulumko babo? 8 Sabani, jikani,
ngxokani ukuhlala, nina 'bemi base-De-
dane! ngokuba imbujiswa ka-Esau ndiya
kuyizisa pezu kwake, ixesha endiya
kumohlwaya. 9 Ukuba abavuni bedreyive
bebeze kuwe, bebengayi kuzisalisa imbi-
kico na? Ukuba amasela *ebeze* ebusuku,
ebengayi kukwonakalisa na oko kubane-
leyo? 10 Koko mina ndiya kuhluba u-
Esau, ndiya kutyila indawo zake ezifihla-
keleyo, ade akohlwe kukuzimela; inzalo
yake yocitakaliswa, nabazalwana bake,
nabamelwane bake, ade yena angabiko.
11 Zishiye inkedama zako, ndozilondoloza
mina ebomini; nabahlolokazi bako maba-
tembele kumi. 12 Ngokuba esitsho UYE-
HOVA ukuti: Bona ke, abo, abakugwetywa
bekungekuko okwokusela kwindebe, base-
lile okunene; nawe ke, unguye oya kuka
apatwe njengongenatyala na? Akuyi ku-
patwa njengongenatyala, koko uya kusela
ngokwennyaniso. 13 Ngokuba ndizifu-
ngile mina, utsho UYEHOVA, ukuba i-Bo-
tsera yoba yinto yokutelwa nqa, *n*esigxe-
kwa, *n*enxuwa, nesiqalekiswa; nazo zonke
izixeko zayo zoba ngamanxuwa ngonapa-
kade. 14 Ndivile intshumayelo ivela KU-
YEHOVA, kanjalo isigidimi situnyiwe pakati
kwezizwe, *ukuti:* Zibuteni, nize ngakuyo,
nivukele ukulwa. 15 Ngokuba, bona ke,
ndikwenzile into enncinane pakati kwe-
zizwe, edeliweyo pakati kwabantu. 16 U-
kwoyikeka kwako, iratshi lenkliziyo yako
likukohlisile, umi emifanteni yeliwa, uyi-
bamba indawo epezulu yenduli; nakuba
ubuya kuyenza pezulu, njengokozi, indhlu
yako, ndoyihlisa kwa kona, utsho UYEHOVA.
17 Ewe, i-Edome yoba yingcitakalo; bonke
abadhlulayo ngakuyo boti nqa, benze ama-
kwelo pezu kwazo zonke izibetwa zayo.
18 Njengasekucitweni kwe-Sodome, ne-
Gomora, *nezixeko* ezimelene nazo, utsho
UYEHOVA, akuyi kuhlala kona namnye
umntu, akuyi kupambukela kuyo namnye
unyana womntu kanjako. 19 Bona ke,
uya kunyuka njengengonyama ekukuku-
maleni kwe-Yoredane ngakuyo inklalo
enamandhla; ngokuba ngepanyazo ndiya
kumbalekisa kuyo: kodwa ngubanina
umnyulwa endiya kummisela ngakuyo?
ngokuba ngubanina ofana nami? nguba-
nina noya kundibekela ixesha? ngubanina
nomalusi lowo oya kuma ebusweni bami?
20 Ngako oko yivani icebo LIKAYEHOVA,
alicebileyo ngakuyo i-Edome; namaqinga
ake, awaqingileyo ngakubo abemi base-
Temani: ngennyaniso abancinane bomhla-
mbi bobarola; ngennyaniso inklalo yabo
yoti nqa pezu kwabo. 21 Ngennxa yen-
klokoma yokuwa kwabo umhlaba uya-
ngcangcazela; isikalo inklokoma yaso iya-
vakala elwandhle olubomvu. 22 Bona ke,
njengokozi uya kunyuka abaleke, nama-
piko ake wowatwabulula pezu kwe-Bo-
tsera; yoti inkliziyo yamagora ase-Edome
ngalomhla ibe njengenkliziyo yomfazi
osenimbeni.

23 NGAYO i-Damakusi.

Idanile i-Hamati, ne-Arapadi; ngoko-
kuba zivile indaba ezimbi, ziyanyibilika;
kuko ixala pakati kwolwandhle, lukohliwe
kukuzola. 24 I-Damakusi ipolelwe, iya-
jika ukuba isabe, isinkwantyo siyiqubule;
ututumbelo nennimba ziyibambile, njenge-
zomfazi oza kuzala. 25 Hai ukushiywa
kwaso isixeko sendumiso, innqili yom-
gcobo wami! 26 Ngako oko amadodana
aso aya kuwa ezitarateni zaso, nawo onke
amadoda okulwa aya kubujiswa ngomhla
lowo, utsho UYEHOVA wemikosi. 27 Ngo-
kuba ndiya kupemba umlilo eludongeni
lwe-Damakusi, oya kuzidhla izindhlukazi
zika-Bene-hadadi.

28 NGAYO i-Kedare, nangazo iziku-
mkani zase-Hatsore, ezo u-Nebukanetsare
ukumkani we-Babilone wazibetayo.

Utsho UYEHOVA ukuti: Sukani, nyuke-
lani ngakuyo i-Kedare, niwacitakalise a-
madoda asempumalanga. 29 Intente zawo
nemihlambi yawo baya kuzitabata; iziku-
selo zawo, nayo yonke impahla yawo, nen-
kamela zawo baya kuzisusa zibe zezabo:
aeya kudanduluka ngennxa yabo, *esiti:*
Isoyikiso singamacala onke. 30 Sabani,
yenzani intsabo enkulu, ngxokani uku-
hlala, nina 'bemi base-Hatsore! utsho UYE-
HOVA; ngokuba u-Nebukanetsare uku-
mkani we-Babilone ecebile ngakuni icebo,
waqinga ngakuni iqinga. 31 Sukani, nyu-
kelani kwisizwe esingenakukatala, esihleli
ekunqabeni, utsho UYEHOVA; aziko ingca-
ngo nemivalo kuso; simi sodwa. 32 Inka-
mela zaso zoba yimpango, nesihlwele sen-
komo zaso soba lixoba; ndandiya kucitela
kuyo yonke imimoya abo banqanyulwe
amancame *odevu;* nembujiswa yabo ndoyi-



University of Fort Hare

velisa kuwo onke amacala *elizwe* labo, utsho
UYEHOVA. 33 Ne-Hatsore yona yoba yin-
dawo yokuhlala yempungutye, *n*enxuwa
kude kube ngunapakade: akuyi kuhlala
kona namnye umntu, akuyi kupambukela
kuyo namnye unyana womntu kanjako.

34 ILIZWI LIKAYEHOVA elezayo ku-
Jeremiya umprofite, ngayo i-Helami, eku-
qaleni kwobukumkani buka-Zedekiya u-
kumkani wo-Juda, lisiti:
35 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti:
Bona ke, ndiya kusapula isipeta se-Helami,
ubukulu bamandhla abo. 36 Ndandiya
kuzisa imimoya emine ngakuyo i-Helami
ivela kuwo amancame amane ezulu, ndi-
bacitele kuyo yonke lemimoya; akuyi
kubako nasinye isizwe apo bangayi kuza
kona abagxotiweyo base-Helami. 37 Ngo-
kuba ndiya kumatisa o-Helami ebusweni
bentshaba zabo, nasebusweni babo bafunayo
ubomi babo; ndandiya kuzisa pezu kwabo
ilishwa, ubushushu bengqumbo yami, u-
tsho UYEHOVA; ewe, ndiya kutuma emva
kwabo isirele, ndide ndibagqibe. 38 Nda-
ndiya kubeka iterone yami e-Helami, ndi-
tshabalalise kwa kona ukumkani nenko-
sana, utsho UYEHOVA. 39 Kodwa kuya
kuti emihleni yokupela, ndobuyisa ukuti-
njwa kwe-Helami, utsho UYEHOVA.

50 ILIZWI owalitetayo UYEHOVA ngayo
i-Babilone, *n*angalo ilizwe lama-Kale-
dine, ngo-Jeremiya umprofite.
2 Xelani pakati kwezizwe, nishumayele,
nipakamise ibanile; shumayelani, ninga-
sitelisi; yitini: i-Babilone ibanjiwe, u-
Bele udanisiwe, u-Merodaki umatisiwe;
izitixo zayo zidanisiwe, amadalo ayo ama-
tisiwe. 3 Ngokuba sinyuka ngakuyo isi-
zwe sivela enode, esiya kulenza ilizwe layo
libe yingcitakalo, kude kungabiko ohlala
kulo; kwa nabantu nezilo zisabile, zi-
mkile.
4 Ngaleyomihla, nangeloxesha, utsho
UYEHOVA, usapo luka-Sirayeli luya kuza,
lona nosapo luka-Juda kwa kunye; luya
kuhamba lumana lulila, NOYEHOVA, UTIXO
walo, luya kumfuna. 5 Luya kubuzela i-
Ziyone, ubuso balo *lubeka* ngasendhleleni
apa, *lusiti:* Yizani sizibandakanyele KUYE-
HOVA, ngocebano olungunapakade, olu-
ngayi kulityalwa. 6 Abantu bami babe-
zigusha ezilahlekileyo, abalusi babo baba-
dungudelisile, babasongele ezintabeni;

bemkile entabeni ukuya endulini, balibele
indawo yokubutuma kwabo. 7 Bonke
abebebafumana babadhla, nentshaba zabo
zati: Asinatyala; ngendawo yokuba bo-
nile ngakuye UYEHOVA, iriwa elilungileyo,
kwa UYEHOVA, itemba loyise babo.
8 Sabani kwa pakati kwe-Babilone, ni-
pume elizweni lama-Kaledine, nibe nje-
ngenkunzi zebokwe pambi kwemihlambi.
9 Ngokuba, bona ke, ndiya kuyivusa, ndi-
yinyusele ngakuyo i-Babilone, inklanga-
niso yezizwe ezikulu zivela ezweni lase-
node; zaziya kuzicwangcisa ngakuyo; kwa
kona iya kubanjwa; intolo zazo zoba nje-
ngezegora elilumkileyo, elingabuyi lizé.
10 Kanjalo i-Kaledine yoba yimpango;
bonke abayipangayo baya kukoliswa, utsho
UYEHOVA. 11 Ngokuba nivuyile, ngokuba
nigcobile, nina 'batimbi belifa lami! ngo-
kuba nidhlobile njengetokazi elibulayo,
nakonya njeng*amahashe* anamandhla; 12
udanile unyoko wenu kakulu; lowo owa-
nizalayo unenkloni; bona ke, esokupela
kwezizwe siyinklango, ilizwe elomileyo,
nobala. 13 Ngennxa yomsindo KAYEHOVA
ayiyi kumiwa, koko iya kuba yingcitakalo
ipela; bonke abadhlulayo ngakuyo i-Babi-
lone boti nqa, benze amakwelo pezu kwazo
zonke izibetwa zayo. 14 Zicwangciseni
ngakuyo i-Babilone ngokuti ngqonga, no-
nke nina 'batyedayo isipeta! yitoleleni,
ningavimbi intolo; ngokuba yonile nga-
kuye UYEHOVA. 15 Memezani ngakuyo
ngento engqongayo; inikile isandhla sayo;
imisekelo yayo iwile, indonga zayo zici-
tiwe; ngokuba yimpindezelo KAYEHOVA le,
pindezelani pezu kwayo; njengokuba ye-
nzile yona, nenje njalo kuyo. 16 Nqa-
mlani umhlwayeli kuyo i-Babilone, nalowo
upete irenqa ngexesha lokuvuna: ngennxa
yesirele sombandezeli, mabajikele abanye
ngabanye ebantwini bakowabo, nabanye
ngabanye mabasabele elizweni lakowabo.
17 U-Sirayeli uyigusha ecitekileyo; in-
gonyama zimgxotile; owokuqala *o*wam-
dhlayo ebengukumkani we-Asiriya, naló
wokupela, u-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone, unqabile amatambo ake. 18
Ngako oko utsho UYEHOVA wemikosi, UTIXO
wo-Sirayeli, ukuti: Bona ke, ndiya kwo-
hlwaya ukumkani we-Babilone, nelizwe
lake, njengokuba ndimohlwayile ukumkani
we-Asiriya. 19 Ndandiya kubuyisela u-
Sirayeli enklalweni yake, waeya kudhla
pezu kwe-Karamele ne-Bashane, nompefu-



University of Fort Hare

mlo wake wohlutiswa entabeni yakwa-
Frayime ne-Gileyadi. 20 Ngaleyomihla,
nangeloxesha, utsho UYEHOVA, kungafunwa
inkohlakalo ka-Sirayeli, kodwa yoba inge-
ko, nezono zika-Juda, kodwa aziyi kufu-
nyanwa; ngokuba ndiya kuxolela abo
ndibasalisayo.

21 Ngakulo ilizwe le-Meratayime, nyuka
ngakulo, nangakubo abemi base-Pekodi;
citakalisa ulahlele ekutshatyalalisweni em-
va kwabo, utsho UYEHOVA, wenze ngako
konke endikuyaleleyo. 22 Kuko inklo-
koma yokulwa elizweni, neyembujiswa
enkulu. 23 Sinjanina ukuhlahlwa nokwa-
pulwa isando somhlaba wonke! Injanina
i-Babilone ukuba yinto yokutelwa nqa
pakati kwezizwe! 24 Ndakutiyela, wa-
rinciswa kanjako, Babilone! kodwa wena
ubungakwazi *oko;* wabufunyanwa, wabu-
banjwa kanjalo, ngokuba ubusilwa NOYE-
HOVA. 25 UYEHOVA uvumbulule imbekelo
yake, wazikupa izixòbo zokurala kwake;
ngokuba INKOSI, UYEHOVA wemikosi, inom-
sebenzi lo elizweni lama-Kaledine. 26
Yizani kuyo nivela esipelweni *somhlaba,*
nqikani amaqonga ayo, yiposeleni njengem-
fumba, niyilahlele ekutshabalaleni; ma-
kungabiko kuyo into eseleyo. 27 Sikani
zonke inkabi zayo, mazihlele ekuxèlweni;
kwoba nzima kuzo, ngokuba imimini yazo
ifikile, ixesha lokwohlwaywa kwazo! 28
Ilizwi labasabayo nelabasindayo elizweni
le-Babilone, ukuya kuxela e-Ziyone impi-
ndezelo KAYEHOVA, UTIXO wetu, impindezelo
yetempile yake. 29 Bizani abatoli nga-
kuyo i-Babilone, bonke abatyeda isipeta;
yiraule ngokuti ngqonga, kuze kungabiko
kuyo ukusinda; yivuze njengokwomsebe-
nzi wayo; njengako konke ikwenzileyo,
yenzani njalo kuyo: ngokuba yenzile nge-
ratshi ngakuyo UYEHOVA, ngakuye oyin-
gcwele ka-Sirayeli. 30 Ngako oko ama-
dodana ayo aya kuwa ezitarateni zayo,
nawo onke amadoda okulwa ayo obujiswa
ngomhla lowo, utsho UYEHOVA. 31 Bona
ke, ndingakuwe, wena uneratshi! itsho
INKOSI, UYEHOVA wemikosi: ngokuba imini
yako ifikile, ixesha endiya kukwohlwaya.
32 Waeya kukùbeka oneratshi, awe noku-
wa, angabi noya kumsukisa; ndandiya ku-
pemba umlilo ezixekweni zake, oya kuzi-
dhla zonke indawo ezimngqongayo.

33 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: U-
sapo luka-Sirayeli nosapo luka-Juda luba-
ndezelwe kunye; kanjalo bonke abaluti-
mbileyo, baqinisa ukulubamba, bala uku-
lundulula. 34 Umkululi walo unamandhla,
NGUYEHOVA wemikosi igama lake; uya ku-
pikisa impikiso yalo ngennyaniso, ukuze
anike umhlaba ukupumla, nabemi base-
Babilone abaxalise. 35 Irele lingakuwo
ama-Kaledine, utsho UYEHOVA, nangakubo
abemi base-Babilone, nangakuzo inkosana
zayo, nangakuwo amalumko ayo. 36 Irele
lingakuwo amaxoki, aeya kudola; irele
lingakuwo amagora ayo, aeya kumata. 37
Irele lingakuwo amahashe ake, nangakuzo
inqwelo zake, nangakubo bonke abantu
abadityanisiweyo abapakati kwayo, babeya
kuba ngabafazi; irele lingakuzo indyebo
zayo, zaziya kupangwa. 38 Ukwoma ku-
pezu kwamanzi ayo, aeya kutsha; ngokuba
lilizwe lemifanekiso eqingqiweyo elo, ba-
yagezela amadalo. 39 Ngako oko ama-
ramncwa asenklango aya kuhlala nempu-
ngutye *kona;* inciniba ziya kuhlala kuyo
nazo; yaingayi kubuya imiwe napakade;
kanjako akuyi kuhlalwa kuyo kwisizuku-
lwana ngesizukulwana. 40 Njengaseku-
citweni kwe-Sodome ne-Gomora NGUTIXO,
*nezixeko* ezimelene nazo, utsho UYEHOVA,
akuyi kuhlala kona namnye umntu, akuyi
kupambukela kuyo namnye unyana wom-
ntu kanjako.

41 Bona ke, abantu baya kuza bevela
enode, kwa isizwe esikulu, nokumkani
abaninzi baya kuvuswa emacaleni omhlaba.
42 Bapete isipeta nomkonto, babukali,
bengenannceba; ilizwi labo liyagquma
njengolwandhle, bayakwela pezu kwama-
hashe; sebecwangcisiwe, njengamadoda
*ecwangcisel*we ukulwa, ngakuwe, ntombi
yase-Babilone! 43 Ukumkani we-Babi-
lone uvile udumo lwabo, izandhla zake
zipolelwe; ututumbelo lumbambile, ubu-
hlungu njengobomfazi oza kuzala. 44 Bona
ke, uya kunyuka njengengonyama ekuku-
kumaleni kwe-Yordane ngakuyo inklalo
enamandhla; ngokuba ngepanyazo ndiya
kubabalekisa kuyo: kodwa ngubanina
umnyulwa endiya kummisela ngakuyo?
ngokuba ngubanina ofana nami? nguba-
nina noya kundibekela ixesha? ngubanina
nomalusi lowo oya kuma ebusweni bami?

45 Ngako oko yivani icebo LIKAYEHOVA,
alicebileyo ngakuyo i-Babilone; namaqinga
ake, awaqingileyo ngakulo ilizwe lama-
Kaledine: ngennyaniso abancinane bomhla-
mbi bobarola; ngennyaniso inklalo *yabo*
yoti nqa pezu kwabo. 46 Ngenuxa



University of Fort Hare

yenklokoma yokubanjwa kwe-Babilone
umhlaba uyangcangcazela, nesikalo siya-
vakala pakati kwezizwe.

51 Utsho UYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya
kuvusa ngakuyo i-Babilone, nanga-
kubo abahlala pakati kwabandisukelayo,
ummoya otshabalalisayo. 2 Ndandiya
kutuma e-Babilone abeli, abaya kuyela,
balenze zé ilizwe layo: ngokuba beya
kuba ngakuyo ngokuti ngqonga ngomhla
welishwa. 3 Umtoli makatyede isipeta
sake, ngakulowo utyedayo, nangakulowo
uzipakamisayo ngehempe yentsimbi yake:
kanjalo ningabi nabubele ngakuwo ama-
dodana ayo, lahlelani ekutshatyalalisweni
wonke umkosi wayo. 4 Ababuleweyo
baya kuwa elizweni lama-Kaledine, naba-
hlatyiweyo ezitarateni zayo. 5 Ngokuba
u-Sirayeli engengoshiyiweyo, no-Juda,
NGUTIXO wake, NGUYEHOVA wemikosi; na-
ngona ilizwe labo lizele lityala pambi
kwoyingcwele ka-Sirayeli. 6 Sabani kwa
pakati kwe-Babilone, nisindise abanye
ngabanye ubomi babo; ningabujiswa eku-
kohlakaleni kwayo; ngokuba lixesha lem-
pindezelo KAYEHOVA eli, oya kuyivuza
ngokuyifaneleyo. 7 I-Babilone ibiyin-
debe yegolide esandhleni SIKAYEHOVA,
inxilisa umhlaba wonke; izizwe ziselile
kwiveyine yayo; ngako oko izizwe ziya-
geza. 8 Ngesiqupe iwile i-Babilone ya-
tiwa shwaqe; lilani pezu kwayo; tabate-
lani ubuhlungu bayo itsori, ingaba iya
kupiliswa. 9 Besiya kupilisa i-Babilone,
kodwa ayipiliseki: yishiyeni, masiye aba-
nye ngabanye kwelakowabo ilizwe; ngo-
kuba ukugwetywa kwayo kufikela ezu-
lwini, kupakanyiselwe nasesibakabakeni.
10 UYEHOVA uvelisile ubulungisa betu;
yizani, masiwubalise e-Ziyone umsebenzi
KAYEHOVA, UTIXO wetu.

11 Kazimlisani intolo, zalisani amakaka;
UYEHOVA uvusile ummoya wokumkani ba-
ma-Medi; ngokuba iqinga lake lingakuyo
i-Babilone, ukuba ayitshabalalise; ngoko-
kuba yimpindezelo KAYEHOVA, impindezelo
yetempile yake. 12 Pakamisani ibanile
ezindongeni ze-Babilone, yomelezani umli-
sela, misani abalindi, lungisani abalaleli;
ngokuba UYEHOVA selekuqingile, selekwe-
nzile kanjalo, oko wakutetayo ngabo abemi
base-Babilone. 13 Wena umiyo ngasema-
nzini amakulu, ondyebo zininzi! kufi-
kile isipelo sako, isilinganiswa sempango
yako. 14 UYEHOVA wemikosi uzifungile
yena, *ngokuti:* Ngennyaniso ndokuzalisa
ngamadoda njengeziboto, aeya kuhlabela
umemezo *lwokulwa* ngakuwe. 15 Wawenza
umhlaba ngamandhla ake, wamisa ilizwe
ngobulumko bake; nangengqondo yake
wawolula amazulu. 16 Nxa akupa ilizwi
lake, kuko ingxokolo yamanzi ezulwini;
uyenyusa amafu esipelweni somhlaba;
uyenza imibane kunye nemvula; nommoya
uyawuvelisa ezimbekelweni zake. 17 Ba-
dolile abantu bonke bengenakwazi; ba-
danele umfanekiso bonke abatyityishi:
ngokuba umfanekiso otyityishiweyo wake
ububuxoki; akuko ummoya kuyo. 18 Yinto
engendawo yona, umsebenzi wezigculelo:
ngexesha lokwohlwaywa kwayo iya kutsha-
balala. 19 Osisabelwa sika-Yakobi aka-
njengalé; ngokuba yena engumdali wento
zonke; *no-Sirayeli* uyintonga yelifa lake:
NGUYEHOVA wemikosi igama lake.

20 Wena ungumvinqikazi wami, izixò-
bo zokulwa *zami:* ngokuba ngawe ndiya
kucita izizwe, nangawe ndotshabalalisa
izikumkani. 21 Kwa ngawe ndiya kucita
ihashe nomkweli walo; nangawe ndiya
kucita inqwelo nokwele kuyo. 22 Kwa
ngawe ndiya kucita indoda nomfazi; na-
ngawe ndiya kucita ixego nomfana; na-
ngawe ndiya kucita indodana nentombi.
23 Kwa ngawe ndiya kucita umalusi
nomhlambi wake; nangawe ndiya kucita
umlimi nesipane sake; nangawe ndiya
kucita inkosi nenkosana. 24 Ndandiya
kupindezela kwi-Babilone, nakubo bonke
abemi base-Kaledine, yonke inkohlakalo
yabo abayenzileyo e-Ziyone pambi kwame-
hlo enu, utsho UYEHOVA. 25 Bona ke, mina
ndingakuwe, wena 'ntaba etshabalalisayo!
utsho UYEHOVA, etshabalalisayo umhlaba
wonke: ndandiya kwolula isandhla sami
pezu kwako, ndikuqengqe emaweni, ndi-
kwenze intaba etshisiweyo. 26 Kwayo
kungayi kususwa kuwe ilitye legumbi,
nelitye lemisekelo; koko uya kuba yin-
gcitakalo engunapakade, utsho UYEHOVA.
27 Pakamisani ibanile emhlabeni, vute-
lani ngexilongo pakati kwezizwe, ya-
hlulani izizwe ngakuyo, bizani ngakuyo
izikumkani zase-Ararate, *ne*-Mini, ne-
Shekenaze; miselani ngakuyo inkosi
yamasodati; nyusani amahashe njenge-
ziboto ezilixonti. 28 Yahlulani izizwe
ngakuyo, okumkani base-Medi, inkosi
zayo, nawo onke amagosa ayo, nalo lonke
ilizwe lobukosi bake. 29 Wanya kuti



University of Fort Hare

umhlaba ungcangcazele, ututumbe; ngoku-
ba amaqinga KAYEHOVA ngakuyo i-Babilone
eya kuma, okulenza ilizwe le-Babilone
ingcitakalo, lingenabemi. 30 Amagora
ase-Babilone ayekile ukulwa, ahleli ema-
nqabeni; butshitshile ubugora bawo, aba
ngabafazi: inklalo zayo zitshisiwe, imi-
valo yayo yapukile. 31 Isigidimi siyagidi-
ma ukuhlangana nesigidimi, nombiki uku-
hlangana nombiki, ukuya kubika kuku-
mkani we-Babilone ukuba isixeko sake
sibanjiwe sipela; 32 nokuba amazibuko
atinjiwe, nengcongolo bazitshisile ngomli-
lo; nokuba amadoda okulwa abetwe li-
vuso.

33 Ngokuba esitsho UYEHOVA wemikosi,
UTIXO wo-Sirayeli, ukuti: Intombi yase-
Babilone ifana nesibaya sokubula, ngexe-
sha lokunyatelwa kwaso; kuseko umzu-
zwana, kwandule ukufika ixesha lokuvuna
kuyo.

34 U-Nebukanetsare ukumkani we-Babi-
lone undidhlile, undipitizelisile, undenzile
isitya esizé, undiginyile njengennamba,
uzalisile isisu sake ngezimnandi zami,
undigxotile. 35 Ubudhlwengu obenze-
lwe mina nabayinnyama yami mabube
pezu kwe-Babilone! uya kutsho umhlali-
kazi wase-Ziyone: kanjalo, Igazi lami
malibe pezu kwabemi base-Kaledine! iya
kutsho i-Yerusaleme. 36 Ngako oko utsho
UYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya kupikisa
upikiso lwako, ndipindezele nempindezelo
yako; ngokuba ndiya kutshisa ulwandhle
lwayo, ndiwomise nomtombo wayo. 37 Ne-
Babilone yona yoba zimfumba, indawo yo-
kuhlala yempungutye, into yokutelwa nqa,
neyokwenzelwa amakwelo, ingenabemi.
38 Baya kugquma ndawonye njengengo-
nyama; baya kukonya njengamatole engo-
nyamakazi. 39 Ebushushwini babo ndiya
kuyenza imitendeleko yabo, ndibanxilise,
ukuze bagcobe, balale ubutongo obungu-
napakade, bangezi bavuke, utsho UYEHOVA.
40 Ndobahlisela njengemvana ekuxèlweni,
njengenkunzi zegusha nezebokwe.

41 Injanina i-Sheshaki ukubanjwa,
nendumiso yomhlaba wonke ukutinjwa!
Injanina i-Babilone ukuba yinto yokutelwa
nqa pakati kwezizwe! 42 Ulwandhle lu-
nyukele pezu kwe-Babilone; ngobuninzi
bamaza alo iselelwe. 43 Izixeko zayo
ziba yingcitakalo, ilizwe elomileyo, noba-
la, ilizwe ekungeko namnye umntu ohlala
kulo, nekungeko unyana womntu odhlu-
layo pakati kwalo. 44 Ngokuba ndiya
kumohlwaya u-Bele e-Babilone, ndikupe
oko akuginyileyo emlonyeni wake, ziti
izizwe zingabuyi zele kuye; ewe, udonga
lwe-Babilone luya kuwa.

45 Pumani kwa pakati kwayo, bantu
bami! nisindise abanye ngabanye ubomi
babo ebushushwini bengqumbo KAYEHOVA.
46 Maingabi 'butataka inkliziyo yenu,
ningoyiki kanjalo, ngennxa yereto eliya
kuviwa elizweni; ngokuba kuya kuza
ng*omnye* umnyaka ireto, nasemva kwawo
ng*omnye* umnyaka ireto; kwobako ubu-
dhlwengu elizweni, inkosi ngakuyo inkosi.
47 Ngako oko, bona ke, imihla iyeza, nxa
ndiya kwohlwaya imifanekiso eqingqiweyo
yase-Babilone, laye lonke ilizwe layo liya
kudana; kanjako bonke ababuleweyo bayo
baya kuwa pakati kwayo. 48 Ziya kwa-
ndula zigcobe pezu kwe-Babilone izulu
nomhlaba, nako konke okukuzo; ngokuba
abacitakalisi beya kuza kuyo bevela enode,
utsho UYEHOVA. 49 Ewe, i-Babilone iza
kuwa, nina babuleweyo bakwa-Sirayeli!
ewe, *a*base-Babilone baya kuwa, nina
'babuleweyo bomhlaba wonke! 50 Nina
basindileyo ereleni! hambani, ningemi:
kumbulani UYEHOVA nikude, iti i-Yerusa-
leme ingene enkliziyweni yenu. 51 Sibe
sidana, ngokokuba sivile isigxeko; ihlazo
lagubungela ubuso betu; ngokokuba aba-
semzini bengenile ezindaweni ezingcwele
zendhlu KAYEHOVA. 52 Ngako oko, bona
ke, imihla iyeza, utsho UYEHOVA, nxa ndi-
ya kwohlwaya imifanekiso eqingqiweyo
yayo, na*nxa* kulo lonke ilizwe layo innxwe-
lera ziya kugula. 53 Nangona i-Babilone
ibiya kukwela kwa sezulwini, ewe na-
ngona ibiya kunqabisa indawo epezulu
yamandhla ayo, baya kuza kuyo abacitaka-
lisi bevela kumi, utsho UYEHOVA.

54 Kuko inklokoma yesikalo ivela e-
Babilone, neyembujiswa enkulu ivela eli-
zweni lama-Kaledine. 55 Ngokuba UYE-
HOVA ecitakalisa i-Babilone, seleyibubisile
kuyo inklokoma enkulu; amaza ayo aya-
gquma njengamanzi amakulu, kunikiwe
ingxokozelo yenklokoma yawo. 56 Ngo-
kuba kufikile ngakuyo, ngakuyo i-Babilone,
umcitakalisi; amagora ayo aya kubanjwa,
izipeta zawo ziya kwapulwa: ngokuba UYE-
HOVA ENGUTIXO wempindezelo, uya kukolisa
ukuvuza. 57 Ndandiya kunxilisa inko-
sana zayo, namalumko ayo, inkosi zayo,
namagosa ayo, namagora ayo; abaya kulala



University of Fort Hare

ubutongo obungunapakade, bangezi ba-
vuke, utsho ukumkani, ogama lingUYEHOVA
wemikosi.
58 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: U-
donga lwe-Babilone olubanzi luya kugqi-
tyelwa ukucitwa, namasango ayo amade
aya kutshiswa ngomlilo; zaye izizwe ziya
kuzamela okungento, *zozam*ela umlilo, zi-
dinwe ke.
59 Ilizwi u-Jeremiya umprofite wamya-
lelayo u-Seraya, unyana ka-Neriya, unya-
na ka-Mahaseya, akusuka ku-Zedekiya
ukumkani wo-Juda ukuya e-Babilone, ngo-
wesine umnyaka wobukumkani bake. Ke-
kaloku u-Seraya ebeyinkosi yokupumla.
60 Waza u-Jeremiya wabàla lonke ilishwa
eliya kuza pezu kwe-Babilone encwadini,
onke lamazwi abàliweyo ngakuyo i-Babi-
lone. 61 Wayesiti u-Jeremiya ku-Seraya:
Nxa ufikayo e-Babilone, uwabone, uwale-
seshe onke lamazwi, 62 uya kwandula
uti: YEHOVA! utetile wena ngakuyo le-
ndawo ukuyitshabalalisa, ukuba kungabiko
ohlala kuyo, kwa nomntu nesilo, kodwa
ibe yingcitakalo engunapakade. 63 Kwa-
kuya kuti, wakugqiba ukulesesha incwadi
le, uya kunxiba ilitye pezu kwayo, uyi-
pose pakati kwom-Ferate; 64 wauya kuti:
Iya kwenje njalo ukuntywila i-Babilone,
ingabuyi isuke elishweni endilizisa pezu
kwayo; babeya kudinwa.
Kude kube lapa ngamazwi ka-Jeremiya.

52 EBEYIMINYAKA imashumi mabini
anamnye u-Zedekiya ubudala bake,
akuba ngukumkani, wapata ubukumkani
iminyaka yalishumi elinamnye e-Yerusa-
leme. Igama lonina belingu-Hamutali,
intombi ka-Jeremiya, owase-Libena. 2
Wayesenza okukohlakeleyo emehlweni KA-
YEHOVA, njengako konke abekwenzile u-
Yoyakime. 3 Ngokuba ngayo ingqumbo
KAYEHOVA kweza *oku* pezu kwe-Yerusaleme
napezu kwo-Juda, wada wabalahla ebu-
sweni bake, ukuba u-Zedekiya wavukela
ngakuye ukumkani we-Babilone.
4 Kwaye kute ngomnyaka wesitoba wo-
bukumkani bake, ngennyanga yeshumi,
ngoweshumi *umhla* wennyanga, weza u-
Nebukanetsare ukumkani we-Babilone, ye-
na nayo yonke impi yake, ngakuyo i-
Yerusaleme, bayiraula; baza baka innqaba
zokulinda ngakuyo ngento engqongayo.
5 Saye isixeko sisekuvingcelekeni kwa-
da kwangumnyaka weshumi elinamnye
wokumkani u-Zedekiya. 6 Ngennyanga
yesine, ngowesitoba *umhla* wennyanga,
isuke indhlala yaba namandhla esixekwe-
ni, kwada akwabiko isonka ebantwini be-
lizwe. 7 Sandula isixeko sagqojozelwa,
ati onke amadoda okulwa esaba, apuma
esixekweni ngobusuku, ngendhlela yesa-
ngo pakati kwendonga zimbini, elinga-
semyezweni wokumkani; ngokuba ama-
Kaledine ebengakuso isixeko ngokuti
ngqonga: aye ehamba ngendhlela yetafa.
8 Kodwa impi yama-Kaledine yamputuma
ukumkani, yamfumana u-Zedekiya emata-
feni ase-Jeriko, nayo yonke impi yake ici-
tiwe kuye. 9 Baza bambamba ukumkani,
bamnyusela kuye ukumkani we-Babilone,
e-Ribela, elizweni le-Hamati, owateta imi-
gwebo pezu kwake. 10 Waza ukumkani
we-Babilone wababulala onyana baka-
Zedekiya pambi kwamehlo ake; kanjalo
nazo zonke inkosana zakwa-Juda wazibu-
lala e-Ribela. 11 Wandula wamfamekisa
amehlo ka-Zedekiya, wamnxiba ngamaka-
mandela obedu; waza ukumkani we-Babi-
lone wamsa e-Babilone, wamfaka ento-
longweni kwada kwangumhla wokufa
kwake.
12 Nangennyanga yesihlanu, ngowe-
shumi *umhla* wennyanga, *ya*lomnyaka obu-
ngoweshumi linesitoba umnyaka woku-
mkani u-Nebukanetsare ukumkani we-
Babilone, weza u-Nebuzaradane, inkosi
yomlisela, owemayo pambi kwokumkani
we-Babilone, e-Yerusaleme, 13 watshisa
indhlu KAYEHOVA, nendhlu yokumkani;
nazo zonke izindhlu zase-Yerusaleme, kwa
zonke izindhlu zabakulu, wazitshisa ngom-
lilo. 14 Nazo zonke indonga ze-Yerusa-
leme eziti ngqonga, yonke impi yama-
Kaledine, ebinayo inkosi yomlisela, yazici-
ta. 15 Nennxennye yamahlwempu abantu,
nesisalela sabantu ababesele esixekweni,
nabapongomi ababepongomele kuye uku-
mkani we-Babilone, nesisalela sesihlwele,
wabafudusa u-Nebuzaradane inkosi yomli-
sela. 16 Kodwa amahlwempu elizwe wa-
wasalisa innxennye u-Nebuzaradane inkosi
yomlisela, abe ngabalimi bemiti yeveyine,
nabakûbeli.
17 Kanjako intsika zexina ezibe zikuyo
indhlu KAYEHOVA, nezikondo, nolwandhlo,
lwexina olube lukuyo indhlu KAYEHOVA,
ama-Kaledine aziqekeza, nayo yonke ixina
yazo ayitutela e-Babilone. 18 Nembiza,
nezikotululo, nezicimo, nezitya zokufefela,



University of Fort Hare

negxebeka, nazo zonke impahla zexina,
ekube kukonzwa ngazo, azisusa. 19 Nezi-
kotile, nezipatamlilo, nezitya zokufefela,
nembiza, nekandelare, negxebeka, nendebe,
igolide yezo zegolide, nesilivere yezo zesi-
livere, yazisusa inkosi yomlisela. 20 In-
tsika zombini, ulwandhle lunye, nenkabi
ezilishumi linambini zexina ezibe zipantsi
*kwalo*, nezikondo, abete ukumkani u-Solo-
mone wazenzela indhlu KAYEHOVA, ibinge-
nakulinganiswa ixina yazo zonke ezimpa-
hla. 21 Nentsika ezo, ubupakamo bennye
intsika bebuzikubite ezilishumi linesibozo;
kanjalo usinga lwekubite ezilishumi linam-
bini beluyingqonga; nesibili sayo, ibiyi-
minwe mine; ibiliholoholo: 22 nenkloko
pezu kwayo, yona ibiyixina; nobupakamo
bennye inkloko, ibizikubite ezinklanu,
inesetyenzwa elipanjanisiweyo, negranate
pezu kwenkloko ngokuti ngqonga, zonke
ziyixina: kanjalo eyesibini intsika negra-
nate zibe zinjengazo ezi. 23 Kwaye kuko
igranate ezingamashumi alitoba anesita-
ndatu ngasemmoyeni; zonke igranate zibe
zilikulu pezu kwesetyenzwa elipanjanisi-
weyo ngokuti ngqonga.
24 Yandula inkosi yomlisela yatabata
u-Seraya umperisite omkulu, no-Tsefaniya
umperisite wesibini, nabagcini bomnyango
bobatatu: 25 nakuso isixeko yatabata
umbusi, lowo obeligosa pezu kwamadoda
okulwa; namadoda asixenxe kwabo babe-
bona ubuso bokumkani, abefunyanwa esi-
xekweni; nombàli wenkosi yomkosi, owa-
hlanganisa abantu belizwe emfazweni;
namadoda angamashumi matandatu kubo
abantu belizwe, abefunyanwa pakati kwe-
sixeko: 26 aba wabatabata u-Nebuzara-
dane inkosi yomlisela, wabazisa kuye
ukumkani we-Babilone e-Ribela: 27 waza
ukumkani we-Babilone wababeta, wa-
babulala e-Ribela elizweni le-Hamati.
Kwa njalo o-Juda bafuduswa emhlabeni
wabo.
28 Ngaba abantu u-Nebukanetsare wa-
bafudusayo: ngomnyaka wesixenxe nga-
ma-Juda angamawaka matatu anamashumi
mabini anamatatu; 29 ngomnyaka we-
shumi linesibozo ka-Nebukanetsare *waba-
fudusa* e-Yerusaleme abantu abangamakulu
asibozo anamashumi matatu anababini; 30
ngomnyaka wamashumi mabini anesitatu
ka-Nebukanetsare, u-Nebuzaradane, inkosi
yomlisela, wabafudusa kuma-Juda abantu
abangamakulu asixenxe anamashumi mane
anabahlanu: bonke abantu bebengama-
waka mane anamakulu matandatu.

31 KWAYE kute ngowamashumi ma-
tatu anesixenxe umnyaka wokutinjwa
kwake u-Yoyakine ukumkani wo-Juda,
ngennyanga yeshumi elinesibini, ngowa-
mashumi mabini anesihlanu *umhla* wen-
nyanga, wati u-Evili-merodaki ukumkani
we-Babilone, ngomnyaka *wokuqala* wobu-
kumkani bake, wapakamisa inkloko ka-
Yoyakine ukumkani wo-Juda, wamkupa
entolongweni, 32 wateta naye ngobuhlobo,
wamisa isihlalo sake ngapezu kwesihlalo
sokumkani ababenaye e-Babilone. 33
Waza waguqula izivato zake zentolongo,
wamana ukutya isonka ebusweni bake yo-
nke imihla yokudhla kwake ubomi. 34
Nesabelwa sake sokutya, kwanikwa kuye
isabelwa sokutya esifuti sivela kukumkani
we-Babilone, into yemmini ngemmini ya-
yo, kwada kwangumhla wokufa kwake,
yonke imihla yokudhla kwake ubomi.

# IZILILO ZIKAJEREMIYA.

ISAHLUKO I.

HAI ukuhlala sodwa kwaso isixeko esibe
sizele ngabantu! siba njengomhlolo-
kazi eso esibe sikulu pakati kwezizwe!
eso esibe siyinkosikazi pakati kwamazwe
siba sesinikelayo! 2 Siyalila ngento enzi-
ma ebusuku, nennyembezi zaso zipezu
kwezidhlele zaso: akuko namnye ositutu-
zelayo pakati kwabo bonke abatandi baso;
zonke izihlobo zaso zisipete ngenkohliso,
ziba zintshaba kuso. 3 I-Juda yemkile
ngokutinjwa ngennxa yembandezelo, na-
ngennxa yobuninzi benkonzo: iyahlala
pakati kwabaheyideni; ayizuzi ukupumla;
bonke abasukeli bayo bayifumana pakati
kwazo ingxingwa. 4 Indhlela zase-Ziyone



University of Fort Hare

ziyalila, ngennxa yokuba kungeziwa emi-
tendelekweni; onke amasango ayo acita-
kele; abaperisite bayo bayagula; intombi
zayo zilusizi, inoburara nayo ke. 5 Abo
bayimpi kuyo banobukulu, intshaba zayo
zisekwonwabeni; ngokuba UYEHOVA eye-
nze lusizi ngennxa yobuninzi bezigqito
zayo: abantwana bayo bemkile ngo-
kutinjwa pambi kwotshaba. 6 Imkile
kwintombi yase-Ziyone yonke inkazimlo
yayo: inkosana zayo ziba njengamaxama
angafumani*yo* idhlelo, ahamba engenama-
ndhla pambi kwomzingeli. 7 Yakumbula
i-Yerusaleme, emihleni yokubandezelwa
kwayo nokutshutshiswa kwayo, zonke
izinto zayo ezinqwenelekileyo ezibe ziko
kwa semihleni yakudala; nxa abantu bayo
bawa esandhleni sotshaba, kungeko oyince-
dayo; intshaba zayibona, zahleka utsha-
balalo lwayo. 8 I-Yerusaleme yonile ka-
kulu; kukona iyinto encolileyo: bonke
abebeyibeka bayayidela, ngokuba bebone
ubuzé bayo: ewe, yona iyagula, iyabuya
ngomva. 9 Ukuncola kwayo kusema-
sondweni *engubo* yayo; ayikumbulelanga
ukupela kwayo; ngako yabisihla ngento
engummangaliso; ibingenaye umtutuzeli.
Kangela, YEHOVA! imbandezelwa yami;
ngokuba utshaba luzenze lukulu. 10 Isa-
ndhla salo lusitwabulule utshaba pezu
kwazo zonke izinto zayo ezinqweneleki-
leyo; ngennyaniso ibonile abaheyideni
*ukuba* bangenile endaweni yayo eyingcwe-
le, obuyalela ngabo *ukuba* mabangangeni
enklanganisweni yako. 11 Bayagula bo-
nke abantu bayo, bayafuna isonka; izinto
zabo ezinqwenelekileyo bazananile ngo-
kudhla, ukuba kubuyiswe umpefumlo:
bona, YEHOVA! ukangele; ngokuba ndiba
ngodelekileyo. 12 Asi 'nto na kuni, no-
nke nina badhlulayo ngendhlela? kange-
lani, nibone ukuba kuko ubuhlungu na
njengobami ubuhlungu, obo bundenze-
lweyo mina, obo UYEHOVA wa*ndi*bulala
ngabo ngomhla wobushushu bengqumbo
yake. 13 Utumile ematanjeni ami umlilo
uvela pezulu; uwoyisile kanjalo: utambo
ulwanekelo innyawo zami; undibuyisele
emva; undenzile ocitakeleyo, ocubukayo
imini yonke. 14 Iyokwe yezigqito zami
ibotshelelwe ngesandhla sake; zijijene;
zinyukile entanyeni yami: uwisile ama-
ndhla ami; INKOSI indinikele ezandhleni
*zabo* ndikohlwa ukusuka *kubo*. 15 Onke
amaroti ami iwalahlile INKOSI pakati kwa-
mi; ibizile ngakumi inklanganiso, ukwa-
pula amadodana ami; isincinezelo seve-
yine isixovulile INKOSI, esentombi ipela
ka-Juda. 16 Ngennxa yezi*nto* ndiya-
lila; iliso lami, iliso lami liyahlisa amanzi,
ngokuba umtutuzeli ekude kumi, umbu-
yisi wompefumlo wami: abantwana bami
bacitakele, ngokuba utshaba lweyisile.
17 I-Ziyone iyatwabulula izandhla zayo;
akuko umtutuzeli kuyo: UYEHOVA ubaya-
lele ngo-Yakobi abo bamngqongayo, abo
bayimpi kuye: i-Yerusaleme iyinto encoli-
leyo pakati kwabo. 18 UYEHOVA ulungile
yena; ngokuba ndivukele ngakuwo um-
teto wake: kenive, nonke nina 'bantu!
nibone ubuhlungu bami: zimkile ngoku-
tinjwa intombi zipela zami, namadodana
ami. 19 Ndabiza abatandi bami, *kuloko*
bona bendikohlisile: abaperisite bami
nabadala bami baqauka esixekweni, nxa
babezifunela ukudhla, ukuba babuyise
imipefumlo yabo. 20 Kangela, YEHOVA!
ngokuba ndixinezekile; amatumbu ami
axapazele; inkliziyo yami ipetukile pakati
kwami; ngokuba ndivukele kakulu: nga-
pandhle ndihlutiwe abantwana lirele; pa-
kati endhlwini kunjengokufa. 21 Bavile
ukuba kugulwa ndimi, kungeko umtutuzeli
kumi; bonke abazintshaba zami bavile ili-
shwa lami; bayagcoba ukuba wenje njalo:
uya kuzisa umhla uwuxeleyo, bandule
babe njengami. 22 Maize yonke inkohla-
kalo yabo ebusweni bako; uze wenzele
bona, njengokuba ubusenzela nami ngen-
nxa yazo zonke izigqito zami: ngokuba
izigulo zami zininzi, nenkliziyo yami icu-
bukile.

2 HAI ukusibekelelwa kwentombi yase-
Ziyone YINKOSI ngengqumbo yayo!
ibute kahla kwa sezulwini kude kube
semhlabeni ubuhle buka-Sirayeli, ingaku-
mbulanga ngesitulo sennyawo zayo em-
hleni wengqumbo yayo. 2 INKOSI izigqi-
bile zonke inklalo zika-Yakobi, ingabanga
nanceba *kuzo*; ngomsindo wayo iziwisile
innqaba zentombi ka-Juda; izihlisele em-
hlabeni: incolisile ubukumkani nenkosana
zabo. 3 Izinqumlile ngobushushu ben-
gqumbo *yayo* zonke impondo zika-Sirayeli;
ibuyisile esokunene isandhla sayo ebu-
sweni botshaba: utshisile kwa-Yakobi nje-
ngomlilo odangazelayo, odhlayo ngokuti
ngqonga. 4 Isipeta sayo isityedile nje-
ngotshaba; isixatisile isandhla sayo soku-



University of Fort Hare

neno njengoyimpi; yabulala bonke aba-
nqwenelekayo kwiliso ententeni yento-
mbi yase-Ziyone: yatulula uburalarume
bayo njengomlilo. 5 INKOSI yaba njengo-
tshaba; iyigqibile i-Sirayeli; izigqibile
zonke indhlukazi zayo; izitshabalalisile
innqaba zayo: kanjalo ikwandisile entombi-
ni ka-Juda ukulila nosizi. 6 Ilucitile ubiyo
lwayo, njengolwentsimi: itshabalalisile
indawo yayo yokuhlangana: umtendeleko
nesabata UYEHOVA uzenzile zilityalwe e-
Ziyone, wabadela ngokurala kwengqumbo
yake ukumkani nomperisite. 7 INKOSI
ilahlile isibingelo sayo, itiyile indawo yayo
eyingcwele; izinikele esandhleni sotshaba
indonga zendhlukazi zayo; benzile intsholo
endhlwini KAYEHOVA, njengasemhleni wom-
tendeleko. 8 Ucingile UYEHOVA uku-
tshabalalisa udonga lwentombi yase-
Ziyone; uyolule intambo, akasibuyisanga
isandhla sake ekugqibeni; wenza ngoko
ukuba kulilwe yindawo enqatyisiweyo no-
donga; zicubukile kunye. 9 Amasango
ayo atshonile emhlabeni; wonakalisile
imivalo yayo, wayapula: ukumkani wayo
nenkosana zayo bapakati kwabaheyideni:
akuseko umteto; kanjalo abaprofite bayo
abazuzi umboniso KUYEHOVA. 10 Abadala
bentombi yase-Ziyone bahleli pantsi em-
hlabeni, bati tu; baposile utuli pezu
kwenkloko zabo, bazibinqile ngenklaka-
nklaka: intombi zipela zase-Yerusaleme
ziyatokombisa ngasemhlabeni inkloko zazo.
11 Amehlo ami ayapela zinnyembezi, ama-
tumbu ami axapazele, isibindi sami sipalele
ngasemhlabeni, ngennxa yokwapuka kwen-
tombi yabantu bami; ngokuba intsatshana
nentsana zisiwa ezitarateni zesixeko. 12
Ziti konina: Ipina innqolowa neveyine?
nxa zisiwa njengennxwelera ezitarateni
zesixeko; nxa umpefumlo wazo utululelwa
esifubeni sonina. 13 Ndokunqinela 'nto
nina? ndokufanisa nanto nina, ntombi
yase-Yerusaleme? ndokulinganisa nanto
nina, ukuba ndikututuzele, wena 'ntombi
ipela yase-Ziyone? ngokuba isapuko sako
sikulu njengolwandhle; ngubanina onga-
kupolisayo? 14 Abaprofite bako bakubo-
nele okungendawo nobudenge: abatyilanga
inkohlakalo yako, ukuba kubuyiswe ukuti-
njwa kwako; kodwa bakubonele imitwalo
ebuxoki nezigxotiso. 15 Bonke abadhlula
endhleleni bayenza inklombe ngezandhla
pezu kwako; bayenza amakwelo, bayahlu-
nguzela inkloko, pezu kwentombi yase-
Yerusaleme, *besiti:* Sisixeko esi na ekutiwe
sikupela kwobuhle, siluvuyo kuwo wonke
umhlaba? 16 Zonke intshaba zako ziya-
kwakamela ngomlomo wazo; ziyenza ama-
kwelo, ziyatshixiza ngamazinyo; ziti: Si-
*yi*gqibile; okunene lo ungumhla siwuka-
ngeleyo; sesifumene, sesibonile. 17 We-
nzile UYEHOVA oko wakuqingayo; ufezile
ilizwi lake, elo walixelayo kwa semihleni
yakudala; uwisile, engabanga nannceba;
notshaba uluvuyisile pezu kwako; ulupa-
kamisile upondo lwabayimpi kuwe. 18
Inkliziyo yabo yakala KWINKOSI, isiti: Lu-
donga lwentombi yase-Ziyone! yenza in-
nyembezi zityityizele njengomsinga immini
nobusuku; ungaziniki ukupumla; malu-
ngapezi ukozo lweliso lako. 19 Suka,
danduluka ebusuku, ekuqaleni kwamava-
rasho; palaza inkliziyo yako njengamanzi
pambi kwobuso BENKOSI; pakamisela nga-
kuyo izandhla zako ngennxa yobomi ben-
tsatshana zako, eziwayo ngokulamba
enncameni yezitarate zonke. 20 Bona,
YEHOVA! ukangele lowo ungubanina wenje
njalo kuye: abafazi baya kudhla isixakato
sabo na, intsatshana zokutwalwa ezandhle-
ni? umperisite nomprofite baya kubulawa
na endaweni engcwele YENKOSI? 21 Aba-
fana namaxego balele pezu kwomhlaba ezi-
tarateni; ziwile ngerele intombi zipela
zami, namadodana ami: usikile ngomhla
wengqumbo yako; ubulele ke, ungabanga
nannceba. 22 Ubizile njengasemhleni
womtendeleko izoyiko zami eziraulayo;
kwaza kwati ngomhla wengqumbo KAYE-
HOVA, akwabiko osindileyo noseleyo: abo
ndibasingatileyo nendibakulisileyo luba-
gqibele utshaba lwami.

3 NDIYINDODA mina ebonileyo imba-
ndezelo ngentonga yomsindo wake. 2
Mina undikokele, wa*ndi*hambisa ebumnya-
meni, enga*ndihambisi* emhlotsheni. 3
Ngennyaniso ubuye waguqulela ngakumi
isandhla sake immini yonke. 4 Innyama
yami nenklonze yami uzalupalisile; ama-
tambo ami uwapule. 5 Wakile ngakumi,
wandipahla ngennyongo nenkatazo. 6 U-
ndihlalisile ezindaweni ezimnyama, nje-
ngabakade befile. 7 Undibiyile ngamacala
onke, ukuba ndingebe nako ukupuma:
uwenze nzima umxokolelwane wami. 8
Naxeshekweni ndikalayo, ndimemeze no-
kumemeza, uyabandeza umtandazo wami.
9 Indhlela zami uzibiyile ngamatye aqa-



University of Fort Hare

ndulweyo; imizila yami uyenze 'goso. 10
Ube*njengayo* ibere elalelayo kumi, *njengen*-
gonyama ezindaweni zasese. 11 Uzitye-
kisile indhlela zami, wandiqwenga ke:
undenzile ocitakeleyo. 12 Utyedile isipeta
sake, wandimisela utolo njengomlinganiso.
13 Intolo zompongolo wake uzingenisile
emanqeni ami. 14 Ndaba sisihlekwa kubo
bonke abantu bami; *n*engoma yabo immini
yonke. 15 Undihlutisile ngezinto ezirara;
undinxilisile ngomhlonyane. 16 Kanjalo
uwapule amazinyo ami ngohlalatye; undi-
selele ngotutu. 17 Nompefumlo wami
uwusunduzile eluxolweni; ndalibala in-
nyweba. 18 Ndati: Kububile amandhla
ami, netemba lami KUYEHOVA. 19 Ku-
mbula ukubandezelwa kwami nokutshu-
tshiswa kwami, umhlonyane nennyongo.
20 Uke ukumbule, ngokuba umpefumlo
wami utotyelwe pantsi pakati kwami. 21
Ndiyakumbuza umpefumlo wami oku:—
kukona ndinetemba: 22 Kungezibele ZI-
KAYEHOVA esingagqityelwanga, ngokuba
inceba zake zingapeli. 23 Zitsha imiso
ngemiso; inkulu ke innyaniseko yako.
24 UYEHOVA usisabelwa sami, utsho umpe-
fumlo wami; kukona ndiya kutemba
kuye. 25 U-YEHOVA ulungile kubo abam-
lindayo, kumpefumlo omfunayo. 26 Ku-
lungile ukuba kutenjelwe nokuba kulindwe
usindiso LUKAYEHOVA ngokuti cwaka. 27
Kulungele umntu ukuba ayitwale iyokwe
ebutsheni bake. 28 Uyahlala yedwa, uti
cwaka, ngokuba yena emtwesile. 29 U-
yafaka umlomo wake elutulini; kungati
kuko itemba. 30 Isidhlele uyasinikela
lowo umbetayo; ukolisile ukugxekwa.
31 Ngokuba INKOSI ingayi kulahla kude
kube ngunapakade. 32 Koko ukuba iye-
nza lusizi, iya kuba nenceba noko nje-
ngobuninzi bezibele zayo. 33 Ngokuba
ingababandezeli ngokwenkliziyo, ingabe-
nzi lusizi kanjalo, onyana babantu. 34
Ukuba *umntu* ancinezele ngapantsi kwen-
nyawo zake bonke ababanjwa belizwe;
35 ukuba kutyekiswe ibango lomntu pambi
kwobuso bopezu kwonke; 36 ukuba kwo-
niwe umntu etyaleni lake; INKOSI ayikolwa
kuko. 37 Ngubanina lowo uxelayo, kuze
kwand' ukubako, ingayalelanga INKOSI?
38 Akupumi na emlonyeni wopezu kwonke
okubi nokulungileyo? 39 Uyagungqela
nina umntu ohleliyo, umntu ke ngennxa
yokwohlwayelwa izono zake? 40 Masi-
pande imikwa yetu siyibence, siguqukele
KUYEHOVA. 41 Masipakamisele inkliziyo
zetu kunye nezandhla KUTIXO osezulwini;
*sisiti:* 42 Sigqitile tina senza ngokungeva;
akuxolelanga wena. 43 U*si*gubungele
ngengqumbo, usiputumile; ubulele, unga-
banga nanceba. 44 Uzigubungele nge-
lifu, ukuze ungacandi namnye umtandazo.
45 Usenzile sibe yinkunkuma nento yoku-
lahlwa pakati kwezizwe. 46 Zonke intshaba
zetu ziyasakamela ngemilomo yazo. 47
Sihlelwe sisoyikiso nesihogo, lucitakalo
nembujiswa. 48 Iliso lami liyahlisa imi-
jelo yamanzi ngennxa yembujiswa yen-
tombi yabantu bami. 49 Iliso lami liya-
tyityizela lingapezi, ngokuba kungeko izi-
nqumamo, 50 ade akangele pantsi UYEHOVA,
abone esezulwini. 51 Iliso lami liyandi-
visa ubuhlungu ngennxa yazo zonke into-
mbi zesixeko sami. 52 Bandizingele ka-
kulu njengentaka, abazintshaba zami ku-
ngeko 'nto. 53 Bandinqamlile ubomi
emnxunyeni, baposa ilitye pezu kwami.
54 Amanzi ela pezu kwenkloko yami;
ndati: Ndinqamkile. 55 Ndabiza igama
lako, YEHOVA! kwa semnxunyeni waseza-
ntsi kanye. 56 Ilizwi lami waliva: unga-
fihli indhlebe yako ekupefumleni kwami,
ekukaleni kwami. 57 Wasondela emhleni
ndakubizayo; wati: Ungoyiki! 58 NKOSI!
uzipikisile impikiso zompefumlo wami:
ubomi bami ubukulule. 59 YEHOVA! ubo-
nile ukwoniwa kwami; lungisa ityala lami.
60 Ubonile yonke impindezelo yabo, onke
amaqinga abo ngakumi. 61 Ukugxeka
kwabo ukuvile, YEHOVA! onke amaqinga
abo ngakumi; 62 iziteto zabo bandisuke-
layo, namacebo abo ngakumi immini yonke.
63 Kangela ukuhlala kwabo nokusuka
kwabo: ndiyingoma yabo mina. 64 Bu-
yekeza kubo ngoku*ba*faneleyo. YEHOVA!
njengokwomsebenzi wezandhla zabo. 65
Banike ubulukuni benkliziyo; isiqalekiso
sako sibe pezu kwabo! 66 Baputume
ngengqumbo, ubatshabalalise pantsi kwa-
mazulu KAYEHOVA.

4 HAI ukuba 'mncumevu kwegolide! u-
kuguqulwa kwegolide enkle! ukucitwa
kwamatye endawo eyingcwele enncameni
yezitarate zonke! 2 Onyana abanqabileyo
base-Ziyone, belinganiseka negolide eco-
kisiweyo, banjanina ukubalwa ngokuba
yimipanda yodongwe, umsebenzi weza-
ndhla zombumbi! 3 Kwa impungutye
ziyanikela ibele, ziyanyisa amatole azo:



University of Fort Hare

intombi yabantu bami ibunqola, njengazo
inneiniba enklango. 4 Ulwimi lwosana
luti nama ekuhlangubo lalo ngenxanwa:
intsatshana ziyacela isonka; akuko oza-
belayo. 5 Abo ababesidhla izimnandi
bayabuba ezitarateni: abo ababesondhliwa
pezu kwezinto ezibomvu bayasingata imfu-
mba zenkunkuma. 6 Ngokuba ukwohlwa-
yelwa kwenkohlakalo yentombi yabantu
bami kukulu kokwesono se-Sodome, eyabi-
citwa njengasepanyazweni, ingawelwa zi-
zandhla ke. 7 Abanaziri bayo bebegqi-
tisile ingqweqwe ngokuba ngcwele, bebe-
gqitisile ubisi ngokuba mhlope, bebebo-
mvu pezu kwerubi umzimba wabo, isimilo
sabo sasisesesafire. 8 Ukubonakala kwa-
bo *ngoku* kubumnyama pezu kwonewalazi,
abaziwa ezitarateni; inklonze yabo iti
nama ematanjeni abo; ishwabene, iba nje-
ngomti. 9 Banennyweba abo babuleweyo
ngerele pezu kwababuleweyo ngendhlala:
ngokuba aba bebengcungcuteka, behlatyi-
we, bengenayo imifuno yentsimi. 10 Iza-
ndhla zabafazi abanezibele zipekile ababo
abantwana; baba kukudhla kwabo embu-
jisweni yentombi yabantu bami. 11 UYE-
HOVA ufezile uburalarume bake; utulule
ubushushu bengqumbo yake, wapembela
e-Ziyone umlilo, owadhla imisekelo yayo.
12 Ngebengakolwanga okumkani bomhla-
ba, nabo bonke abemi belizwe, ukuba be-
kuya kungena emasangweni e-Yerusaleme
impi notshaba. 13 Ngennxa yezono zaba-
profite bayo, *n*ezikohlakalo zabaperisite
bayo, abalipalazileyo pakati kwayo igazi
labalungileyo, 14 babadula *njeng*emfama
ezitarateni, badyojwa ngegazi, bada *abantu*
bakohlwa ukucukumisa izivato zabo.
15 Bamemeza kubo, *besiti:* Sukani, *nina*
'bancolileyo! sukani, sukani, ningacuku-
misi! Ngennyaniso bayabaleka, bayaba-
dula; kutwa pakati kwezizwe: Abasayi
kuhlala *kona.* 16 Ubuso BUKAYEHOVA bu-
bahlulahlule; akasayi kubagqala; ubuso ba-
baperisite ababubekanga; babengenalufefe
kubo abadala. 17 Nxa sibe siseko, ame-
hlo etu apelela uncedo olungendawo: eku-
lindeni kwetu salinda isizwe esasingenako
ukusindisa. 18 Bazingela amanyatela etu,
ukuba besingenakuhamba ezitarateni zetu:
kwasondela ukupela kwetu, yabizalisekile
imihla yetu; ngokwennene ukupela kwetu
bekufikile. 19 Abasukeli betu badhlula
ngamendu inkozi zasezulwini; basiputuma
kakulu ezintabeni, basilalela enklango.
20 Ummoya wempumlo zetu, umtanjiswa
KAYEHOVA, wabanjiswa ezihogweni zabo:
esabesisiti ngaye: Ngapantsi kwomtunzi
wake sohlala pakati kwabaheyideni.
21 Gcoba uvuye, ntombi yase-Edome,
wena umiyo ezweni le-Hutse! indebe yo-
dhlulela nakuwe; wonxila ke, wozihluba
kanjako. 22 Kugqityiwe ukwohlwayelwa
kwenkohlakalo yako, ntombi yase-Ziyone!
akayi kupinda akufuduse: inkohlakalo
yako, ntombi yase-Edome! woyohlwayela;
izono zako wozityila.

5 KUMBULA, YEHOVA! oko sihlelwe
kuko: kangela, ubone ihlazo letu.
2 Ilifa letu libohlele kwabasemzini, *n*ezin-
dhlu zetu kwabohlanga lumbi. 3 Sizin-
kedama, singenabawo; 'omá betu banje-
ngabahlolokazi. 4 Amanzi etu siyawasela
ngemali; inkuni zetu zimelwa lixabiso.
5 Siyatshutshiswa pezu kwentamo zetu;
siyazama, singenakupumla. 6 Ama-Jipete
siwanikele isandhla, *n*ama-Asiriya, ukuba
kuhlutiswe ngesonka. 7 Bonile obawo betu,
abaseko; tina izikohlakalo zabo sizitwele.
8 Sipetwe zizicaka; akuko 'mntu okulu-
layo ezandhleni zazo. 9 Isonka setu siya-
sizuza ngobomi betu, ngennxa yerelo la-
senklango. 10 Inklonze yetu yaba mnyama
njengeziko, ngennxa yolwopu lwendhlala.
11 Kwadhlwengulwa abafazi e-Ziyone,
*n*entombi zipela ezixekweni zakwa-Juda.
12 Inkosana zixònyiwe ngesandhla sazo;
abubekwanga ubuso babadala. 13 Kwata-
tyatwa amadodana ukuba asile, nabafana
bakùbeka ngapantsi kwenkuni. 14 Aba-
dala bapelile esangweni, *n*amadodana eku-
culeni kwabo. 15 Lupelile uvuyo lwenkli-
ziyo yetu; kuguqulwe ukududa kwetu
kwaba 'kulila. 16 Siwile isitsaba senkloko
yetu; hai ke usizi lwetu, ukuba sonile!
17 Ngennxa yoku inkliziyo yetu icubu-
kile; ngennxa yezi*zinto* amehlo etu aluzizi.
18 Ngennxa yentaba ye-Ziyone, ecitake-
leyo; impungutye zihamba pezu kwayo.
19 Wena, YEHOVA! uhleli ngonapakade;
iterone yako ikwisizukulwana ngesizuku-
lwana. 20 Kunganina ukuba umane usi-
libala futi, *nokuba* usishiye ixesha elide
kangaka? 21 Sibuyisele kwa kuwe, YE-
HOVA! sasiya kubuya: twasisa imihla yetu
njengokwakudala. 22 Ngokuba okunene
ngqibele ukusilahla; usiqumbele ngoku-
kulu.



University of Fort Hare

INNCWADI YOMPROFITE

# KAHEZEKILE.

ISAHLUKO I.

KWAYE kute ngowamashumi matatu
ummyaka, ngeyesine *innyanga*, ngowe-
sihlanu *umhla* wennyanga, nxa bendipakati
kwabatinjwa ngasemlanjeni we-Kebare,
avuleka amazulu, ndaza ndabona imiboniso
KATIXO. 2 Ngowesihlanu *umhla* wennya-
nga, (lowo ubungummyaka wesihlanu
wokutinjwa kwokumkani u-Yoyakine,) 3
leza ngennyaniso ilizwi LIKAYEHOVA ku-
Hezekile, unyana ka-Buzi, umperisite,
elizweni lama-Kaledine, ngasemlanjeni
we-Kebare; saye sipezu kwake kona isa-
ndhla SIKAYEHOVA.

4 Ndaza ndakangela; kekaloku nalu
uquta luvela enode, ilifu elikulu, nomlilo
uzibambela, nenkazimlo ilingqonga, napa-
kati kwawo njengobubengebenge bekashe-
mali, pakati kwomlilo. 5 Napakati kwawo
kwavela ukufana kwezidalwa ezipilileyo
ezine; kuko oku ukubonakala kwazo: zibe
zinokufana kwomntu. 6 Kwaye kuko
ubuso bune kwezinye ngezinye, nama-
piko emane kuzo zonke ngezinye. 7 Nen-
nyawo zazo zazizinnyawo ezite ntse;
nomzantsi wennyawo zazo wona ubu-
njengawo umzantsi wonyawo lwetole; za-
ye zibengezela njengobubengebenge be-
xina egudisiweyo. 8 Zanezandhla zomntu
ngapantsi kwamapiko azo, ngasemacaleni
azo omane; zazibe zinobuso bazo nama-
piko azo zona zone. 9 Amapiko azo abe-
bandakanyiwe elinye nelinye; bezingajiki
ekuhambeni kwazo; zahamba ezinye nge-
zinye ngokuti ngqo. 10 Nokufana kwo-
buso bazo, bekuko ubuso bomntu nobuso
bengonyama ngecala lokunene kuzo zone;
nobuso benkabi ngecala lokohlo kuzo zone;
nobuso bokozi kuzo zone. 11 Bebunjalo
ubuso bazo, namapiko azo wona abe ahlu-
kene ngapezulu; amabini ezinye ngezi-
nye abebandakanyana, namabini abegubu-
ngela imizimba yazo. 12 Zaye zihamba
ezinye ngezinye ngokuti ngqo; apo abeza
kuya kona UMOYA, zaya zona; bezingajiki
ekuhambeni kwazo. 13 Nokufana kwezi-
dalwa ezipilileyo, ukubonakala kwazo
bekunjengamalahle omlilo esitsha, njengo-
kubonakala kwezibane; wona ubuhamba-
hamba pakati kwezidalwa ezipilileyo; waye
umlilo ubunenkazimlo, nakuwo umlilo wa-
puma umbane. 14 Zati izidalwa ezipili-
leyo zabaleka zabuya njengokubonakala
kwemibane.

15 Nxa bendikangela izidalwa ezipili-
leyo ezo, nantsi ivili innye pezu kwomhla-
ba ngasecaleni lezidalwa ezipilileyo, ino-
buso bayo bobune. 16 Ukubonakala kwe-
vili nesetyenzwa lazo, bekunjengobube-
ngebengo belitye letareshishe; kwakuko
ukufana kunye kuzo zonne; nokubonakala
kwazo, nesetyenzwa lazo, bekunjengoku-
ngati kuko ivili pakati kwevili. 17 Zaye
zihamba ngamacala azo omane ekuhambeni
kwazo; bezingajiki zakuhamba. 18 Neza-
zinge zazo, zibe zide, zibe zinokwoyikeka
kanjalo; ezozazinge zazo zibe zizele nga-
mehlo ngokuti ngqonga kuzo zonne. 19
Nasekuhambeni kwezidalwa ezipilileyo,
zahamba ivili ezo ngasecaleni lazo; na-
xeshekweni izidalwa ezipilileyo bezifu-
nqulwa emhlabeni, ivili zafunqulwa *nazo*.
20 Apo abeza kuya kona UMOYA, zaya zona,
*kwa lapo* abeza kuya kona UMOYA; zaye
ivili zifunqulwa kunye nazo; ngokuba
ummoya wezidalwa ezipilileyo ubukuzo
ivili. 21 Zakuhamba ezo, zahamba zona;
zakuma ezo, zema zona; naxeshekweni ezo
bezifunqulwa emhlabeni, ivili zafunqulwa
kunye nazo; ngokuba ummoya wezidalwa
ezipilileyo ubukuzo ivili.

22 Napezu kwenkloko zezidalwa ezipi-
lileyo bekuko ukufana kwesibakabaka,
njengobubengebenge bekrisitale eyoyike-
kileyo, solukile pezu kwenkloko zazo pe-
zulu. 23 Nangapantsi kwesibakabaka eso



University of Fort Hare

amapiko azo ebepakamile, elinye ngakulo
elinye: ezinye ngezinye bezinamabini
egubungela imizimba yazo ngelicala, ne-
zinye ngezinye bezinamabini eyigubunge-
la ngeliya icala. 24 Ndeva inklokoma
yamapiko azo, njengenklokoma yamanzi
amaninzi, njengelizwi lonamandhla onke,
ekuhambeni kwazo; inklokoma yesipiti-
piti, njengenklokoma yomkosi: ekumeni
kwazo, zahlisa pantsi amapiko azo. 25
Kwaye kuvela ilizwi kwa pezulu kwesi-
bakabaka, esibe sipezu kwenkloko zazo,
nxa zemayo zahlisa pantsi amapiko azo.

26 Napezulu kwesibakabaka, esibe si-
pezu kwenkloko zazo, njengokubonakala
kwelitye lesafire, bekuko ukufana kwete-
rone; napezu kwokufana kweterone, be-
kuko ukufana njengokubonakala kwomntu
pezu kwayo ngapezulu. 27 Ndaza nda-
bona njengobubengebenge bekashemali,
njengokubonakala kwomlilo pakati kwako
ngokuti ngqonga; kwa kuko ukubona-
kala kwesinqe sake napezulu, nakuko uku-
bonakala kwesinqe sake nasezantsi, nda-
bona njengokungati kukubonakala kwom-
lilo, obunenkazimlo ngokuti ngqonga.
28 Njengokubonakala kwomnyama oseli-
fini ngomhla wemvula, bekunjalo ukubona-
kala kwenkazimlo engqongayo.

Kuko oku ukubonakala kwako ukufana
kwobungcwalisa BUKAYEHOVA. Ndati nda-
kubona, ndawa ngobuso bami; ndaza ndeva
ilizwi lobeteta.

2 Wayesiti kumi: Nyana woluntu! yima
ezinnyaweni zako, ndandiya kuteta
nawe. 2 Wandul' ukungena kumi UMOYA,
nxa abeteta kumi, wandimisa ezinnyaweni
zami; ndaza ndeva lowo owateta kumi.

3 Wayesiti kumi: Nyana woluntu! ndi-
yakutuma elusatsheni luka-Sirayeli, kwi-
zizwe ezingevayo, ezivukele ngakumi:
lona noyise balo bagqitile ngakumi kwada
kwanguwo umhla lo. 4 Balusapo olubuso
bunokanda, nolunkliziyo ilukuni; ndiya-
kutuma kubo, wauya kuti kubo: Itsho
INKOSI ENGUYEHOVA. 5 Nabo bona, nokuba
baya kuva, nokuba baya kuyeka, (ngokuba
beyindhlu enenkani,) baya kukwazi noko
ukuba umprofite ebepakati kwabo. 6
Nawe, nyana woluntu! ungaboyiki, nama-
zwi abo ungawoyiki, nangona amarau na-
meva anawe, nokuba uyahlala pakati kwo-
nomadudwane: ungawoyiki amazwi abo,
ungetuswa nangobuso babo, ngokuba be-
yindhlu enenkani bona. 7 Wauya kuteta
amazwi ami kubo, nokuba baya kuva.
nokuba baya kuyeka: ngokuba benenkani
bona. 8 Kodwa wena, nyana woluntu!
yiva oko ndikutetayo kuwe; uze ungabi
ngonenkani, njengayo londhlu enenkani;
yakamisa umlomo wako, utye oko endi-
kunika kuwe. 9 Ndaza ndakangela; ke-
kaloku nasi isandhla soluliwe ngakumi,
nangu nomqulu wencwadi ukuso. 10
Wayewaneka ebusweni bami; waubàliwe
wona pakati nangapandhle; kwaye kubà-
liwe kuwo izililo, nesincwino, nesikalo.

3 Wabuya wati kumi: Nyana woluntu!
oko ukufumanayo ukutye; yitya um-
qulu lo, uze uhambe, utete kuyo indhlu
ka-Sirayeli. 2 Ndasuka ndavula umlomo
wami, waza wandidhlisa umqulu lowo. 3
Wayesiti kumi: Nyana woluntu! yenza
isisu sako sidhle, uwazalise amatumbu ako
ngalomqulu endiwunika kuwe. Ndaza
ndawudhla; waye usemlonyeni wami nje-
ngobusi ukuba mnandi.

4 Waza wati kumi: Nyana woluntu!
hamba, uye kwindhlu ka-Sirayeli, utete
ngamazwi ami kubo. 5 Ngokuba kunge-
kubo abantu abakuteta kungumgushanxa
nabanteto inzima utunyiweyo, kukuyo
indhlu ka-Sirayeli; 6 kungekuzo izizwe
ezininzi ezikuteta kungumgushanxa nezi-
nteto inzima, ezimazwi ungawevayo: ngo-
kwennene ukuba bendikutumile kuzo,
beziya kupulapula kuwe zona. 7 Kanti
indhlu ka-Sirayeli ayiyi kuvuma ukupula-
pula kuwe; ngokuba ingavumi ukupula-
pula kumi: ngokuba yonke indhlu ka-
Sirayeli ingababunzi lilukuni nabankliziyo
inokanda. 8 Bona ke, ndibenzile ubuso
bako bomelele ngakubo ubuso babo, nebu-
nzi lako lomelele ngakuwo amabunzi abo.
9 Njengedamante enokanda pezu kwelitye
elilukuni, ndilenzile ibunzi lako: ungabo-
yiki, ungetuswa nangobuso babo; ngokuba
beyindhlu enenkani bona.

10 Walekela wati kumi: Nyana wolu-
ntu! onke amazwi ami endiya kuwateta
kuwe, wamkele enkliziyweni yako, uweve
ngendhlebe zako. 11 Uze uhambe, uye
kubo abatinjwa, kulo usapo lwabantu bako,
utete nabo, uti kubo: Itsho INKOSI ENGUYE-
HOVA; nokuba baya kuva, nokuba baya
kuyeka.

12 WANDULA UMOYA wandifunqula;
ndaza ndeva ilizwi lempitimpiti enkulu,
*lisiti:* Mabubongwe ubungcwalisa BUKA-



University of Fort Hare

YEHOVA kwa sendaweni yake! 13 *Ndeva*
nenklokoma yamapiko ezidalwa ezipilileyo
awafikelelana elinye nelinye, nenklokoma
yevili malungana nazo, nenklokoma yem-
pitimpiti enkulu. 14 Wati UMOYA wa-
ndifunqula, wandisusa; ndaza ndahamba
ngoburara, ebushushwini bommoya wami;
kodwa isandhla SIKAYEHOVA sibe sinama-
ndhla pezu kwami. 15 Ndandula ndeza
kubatinjwa e-Telabibe, abebehleli nga-
semlanjeni we-Kebare, ndahlala apo babe-
hleli kona; ndahlala kona imihla yasixe-
nxe, ndinokuti nqa pakati kwabo.

16 Kwaza kwati ekupeleni kwemihla
esixenxe, landula leza ilizwi LIKAYEHOVA
kumi, lisiti: 17 Nyana woluntu! ndikwe-
nzile umlindi kwindhlu ka-Sirayeli; wa-
uya kuva ilizwi ngomlomo wami, ubayale
kwa kumi. 18 Ndakuti kokohlakeleyo:
Uya kufa ngennyaniso; ukuba akumyali,
nokuba akuteti ukumyala okohlakeleyo
*aguquke* endhleleni yake ekohlakeleyo,
ukuze kulondolozwe ubomi bake; lowo
okohlakeleyo uya kufa etyaleni lake, ne-
gazi lake ndolibiza esandhleni sako. 19
Kodwa nxa umyala okohlakeleyo, kanti
akaguquki ekukohlakaleni kwake, na-
sendhleleni yake ekohlakeleyo; uya kufa
yena etyaleni lake, nawe uhlangule umpe-
fumlo wako. 20 Kanjalo, akuguquka olu-
ngileyo ekulungeni kwake, enze ubumene-
mene, ndandule ndibeke isikubekiso pambi
kwake, yena uya kufa: ngokuba ungamya-
langa, uya kufa esonweni sake, nezenzo
zake ezilungileyo azenzileyo, zona azisayi
kukunjulwa; negazi lake ndolibiza esa-
ndhleni sako. 21 Kodwa nxa umyala olu-
ngileyo, ukuba makangoni olungileyo,
ati yena angoni, uya kudhla ubomi
ngennyaniso, ngokuba wayaleka; nawe
uhlangule umpefumlo wako.

22 Saye isandhla SIKAYEHOVA sibe sipezu
kwami kona apo; waza wati kumi: Suka,
puma uye etafeni, ndandiya kuteta nawe
kona. 23 Ndesuka ke, ndapuma ndaya
etafeni: kekaloku nabuya ubungewalisa
BUKAYEHOVA bumi kona, njengobungewa-
lisa obo ndabubonayo ngasemlanjeni we-
Kebare: ndaza ndawa ngobuso bami.
24 Wandula UMOYA wangena kumi, wandi-
misa pezu kwennyawo zami, wateta nami,
wati kumi: Yiya, uzivalele pakati kwen-
dhlu yako. 25 Kodwa wena, nyana
woluntu! bona ke, bokufaka intambo, ba-
kunxibe ngazo, ukuba ungapumeli pakati
kwabo. 26 Nolwimi lwako ndolunamate-
lisa ekuhlangubeni lako, ukuba ube si-
denge, nokuba ungabi nguye umohlwayi
kubo; ngokuba beyindhlu enenkani bona.
27 Kodwa nxa nditeta nawe, ndiya kuvula
umlomo wako, wauya kuti kubo: Itsho
INKOSI ENGUYEHOVA: Ovayo, makeve, no-
yekayo, makayeke; ngokuba beyindhlu
enenkani bona.

4 NAWE, nyana woluntu! zitabatele isi-
tene, usibeke pambi kwako, usiqingqe
pezu kwaso isixeko, i-Yerusaleme: 2 uze
usenzele ukuvingceleka, uyake ngakuso
inqaba yokulinda, uyiposele ngakuso
indulana, uyimise ngakuso iminquba, uzi-
beke ngakuso izicitelo ngokuti ngqonga.
3 Zitabatele nokamba lwesincete, ulubeke
lube ludonga lwesincete pakati kwako
nesixeko eso; uze ubekise ubuso bako
ngakuso, ukuba sibe sekuvingceleni,
wauya kusivingcela. Ngumqondiso lo
kwindhlu ka-Sirayeli.

4 Kanjalo wena lala pezu kwelokohlo
icala lako, ubeke ityala lendhlu ka-Sirayeli
pezu kwalo: inani lemihla uya kulala
pezu kwalo, uya kutwala ityala labo. 5
Ngokuba ndikumisele iminyaka yetyala
labo, ngenani lemihla, imihla engamakulu
matatu anamashumi alitoba: wauya ku-
twala ityala lendhlu ka-Sirayeli. 6 Nxa
ugqibile le, uze ubuye ulale pezu kweloku-
nene icala lako, wauya kutwala ityala
lendhlu ka-Juda imihla engamashumi ma-
ne: ndikumisele umhla 'mnye endaweni
yomnyaka 'mnye, umhla 'mnye endaweni
yomnyaka 'mnye.

7 Ngako uya kubekisa ubuso bako nga-
sekuvingceleni kwe-Yerusaleme, nengalo
lo yako yoba ihlubulukile; wauya kupro-
fitesha ngakuyo. 8 Kanjalo bona ke, ndo-
kufaka intambo, ukuze ungaguquki kwe-
*linye* icala *uguquk*ele kwe*linye* icala, ude
ugqibe imihla yokuvingcela kwako.

9 Zitabatele nennqolowa, neralasi, nen-
klumaya, nelentile, namazimba, nespelete,
uzifake esityeni sinye, uzenzele isonka nga-
zo; inani lemihla ulalayo pezu kwecala
lako, imihla engamakulu matatu anama-
shumi alitoba, uya kutya sona. 10 Noku-
dhla kwako, oko uya kukutya, kwoba
ngokulinganiswa, ishekele ezingamashumi
mabini ngammini 'mnye: kwixesha ngexe-
sha uya kukutya. 11 Namanzi uya ku-
wasela ngokwabiwa, isiqingata sesitandatu



2 Y

University of Fort Hare

sehino: kwixesha ngexesha uya kusela.
12 Njengezonkana zeralasi uya kusitya;
nangelindhle elipuma emntwini uya kusoja
emehlweni abo.
13 Wayesiti UYEHOVA: Luya kwenje
njalo usapo luka-Sirayeli ukusitya isonka
salo esincolileyo pakati kwabaheyideni, apo
ndiya kulugxotela kona.
14 Ndaza ndati: Au, NKOSI 'YEHOVA!
bona ke, umpefumlo wami awuzanga uncoliswe:
ngokuba ndingatyanga into esisidumbu,
nento eqwengiweyo, kwa sebutsheni
bami kwada kwakaloku; kanjalo akungenanga
emlonyeni wami innyama edhlubukileyo.
15 Wandula wati kumi: Kangela,
ndikunikile amalongwe enkomo endaweni
yelindhle lomntu; wauya kusenza
isonka sako pezu kwawo.
16 Wabuya wati kumi: Nyana woluntu!
bona ke, ndiyawapula umsimelelo
wesonka e-Yerusaleme; babeya kusidhla
isonka ngokulinganiswa, nangesitukutezi;
namanzi bowasela ngokwabiwa, nangokuti
nqa; 17 ukuze baswele isonka namanzi,
bati nqa omnye pezu kwomnye, bangcungcuteke
ngenkohlakalo yabo.

5 NAWE, nyana woluntu! zitabatele irele
elibukali; isitshetshe sabaguyi wositabatela
kuwe, usidhlulise pezu kwenkloko
yako napezu kwodevu lwako; wandule
uzitabatele izilinganiselo zokulinganisa,
uzahlule *innwele*. 2 Isahlulo sesitatu uya
kusitshisa ngomlilo pakati kwesixeko, nxa
izalisekile imihla yokuvingceleka; wandule
utabate isahlulo sesitatu ubete ngerele
ngento esingqongayo; nesahlulo sesitatu
uya kusicitela emmoyeni; ndandiya
kurolela emva kwazo irele. 3 Uze ucapule
kwezakona inani elincinane, uzibope
emasondweni *engubo* yako. 4 Uze ucapule
kuzo kanjako, uzipose pakati kwomlilo, uzitshise
emlilweni; kwa kuwo kuya kupuma
umlilo ngakuyo yonke indhlu ka-Sirayeli.
5 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Le
iyiyo i-Yerusaleme: pakati kwezizwe
ndayimisa, na*pakati* kwamazwe ayingqongayo.
6 Yaza yavukela ngakuzo izigwebo
zami ngokukohlakeleyo ngapezu kwezizwe,
nangakuyo imimiso yami ngapezu
kwamazwe ayingqongayo; ngokuba izigwebo
zami bezidelile, nemimiso yami bengahambanga
ngayo. 7 Ngako oko itsho
INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ngennxa yokuba
nenze impitimpiti pezu kwezizwe
eziningqongayo, *nokuba* ningahambanga
emimisweni yami, nezigwebo zami ningazenzanga,
nezigwebo zezizwe ezingqongayo
ningenzanga njengazo kanjalo;
8 ngako oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Bona ke, ndingakuwe kwa mina,
ndandiya kuyenza pakati kwako imigwebo
emehlweni ezizwe ezo. 9 Ndandiya kukwenza
kuwe oko endingakwenzanga,
nendingayi kubuya ndikwenze okunjalo,
ngennxa yazo zonke izinto zako ezibuntshontsho.
10 Ngako oko, oyise baya kutya
onyana pakati kwako, nonyana baya kutya
oyise babo; ndandiya kuyenza kuwe
imigwebo, naso sonke isisalela sako ndosicitela
kuyo yonke imimoya. 11 Ngako
oko, ndihleli nje, itsho INKOSI ENGUYEHOVA,
ngennyaniso, ngokokuba indawo yami
eyingcwele uyincolisile ngazo zonke izinto
zako ezitiyekileyo, nangazo zonke izinto
zako ezibuntshontsho, kukona nami ndiya
kususa; iliso lami aliyi kuba nosizi, andiyi
kuba nenceba kanjako! 12 Isahlulo sesitatu
sako, ngesifo esibubisayo baya kufa,
nangendhlala baya kugqitywa pakati kwako;
nesahlulo sesitatu, ngerele baya kuwa
ngokukuti ngqonga; nesahlulo sesitatu,
ndobacitela kuyo yonke imimoya, nerele
ndolirolela emva kwabo. 13 Kwa njalo
ingqumbo yami iya kugqitywa, nomsindo
wami ndowupumza pezu kwabo,
ndandule ndizitutuzele; babeya kwazi
ukuba mina 'YEHOVA nditetile ngobukwele
bami, ndakugqiba umsindo wami pezu
kwabo. 14 Kanjako ndiya kukunikela
ekucitakaleni nasekugxekweni pakati kwezizwe
ezikungqongayo, emehlweni abo
bonke abadhlulayo. 15 Yaiya kuba sisigxekwa
nesitukwa, isiluleko nesimangaliso,
ezizweni ezikungqongayo, okuya ndiyenza
pakati kwako imigwebo, ngengqumbo,
nangomsindo, nangezohlwayo zomsindo:
mina 'YEHOVA nditetile: 16 okuya
ndituma pezu kwabo intolo ezimbi zendhlala,
eziya kuba zezokutshabalalisa, endiya
kuzitumela ukutshatyalaliswa kwenu; nendhlala
ndiya kuyandisa pezu kwenu,
ndinapulele umsimelelo wesonka. 17 Ewe,
ndiya kutuma pezu kwenu indhlala, namaramncwa,
aya kunihluta abantwana;
kanjalo isifo esibubisayo negazi liya kucanda
kuwe; ndandiya kuzisa irele pezu
kwako: mina 'YEHOVA nditetile.



University of Fort Hare

6 LAZA ilizwi LIKAYEHOVA leza kumi,
lisiti: 2 Nyana woluntu! beka ubuso
bako ngasezintabeni zakwa-Sirayeli, upro-
fiteshe ngakuzo, 3 uti:
Nina 'zintaba zakwa-Sirayeli! yivani
ilizwi LENKOSI LIKAYEHOVA; itsho INKOSI
ENGUYEHOVA, kuzo intaba nakuzo induli,
kuzo intili nakuzo izihlambo, ukuti: Bona
ke, mina ndiza kuzisa irele pezu kwenu,
ndandiya kutshabalalisa indawo zenu ezi-
pakamileyo. 4 Kanjalo izibingelo zenu
zotiwa tshabalala, nezifanekiselo zelanga
zenu ziya kuqekezwa; nababuleweyo benu
ndobawisa pantsi pambi kwezitixwana
zenu. 5 Ndandiya kubeka izidumbu zo-
sapo luka-Sirayeli ebusweni bezitixwana
zalo; namatambo enu ndowacita ngento
engqongayo izibingelo zenu. 6 Kuzo
zonke indawo zokuhlala kwenu, izixeko
ziya kucitakaliswa, nendawo ezipakamileyo
zotiwa tshabalala; ukuze izibingelo zenu
zicitakaliswe zitiwe tshabalala, nezitixwa-
na zenu ziqekezwe, zipele, nezifanekiselo
zelanga zenu zigaulwe, nemisebenzi yenu
ibujiswe. 7 Baye ababuleweyo beya kuwa
pakati kwenu; naniya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA. 8 Ndiya kusalisa
isisalela noko, ekubeni niya kuba nabasi-
ndileyo ereleni pakati kwezizwe, nxa
nitiwe sa emazweni. 9 Kanjalo abasindi-
leyo benu baya kundikumbula pakati kwe-
zizwe, apo baya kutinjelwa kona, nxa
ndiyiqekeza inkliziyo yabo erexezayo,
epambukileyo kumi, namehlo abo arexeze-
layo emva kwezitixwana zabo; babeya ku-
zidela ngokwabo ngennxa yezikohlakalo
abazenzileyo ngazo zonke izinto zabo ezi-
buntshontsho. 10 Babeya kukwazi oko-
kuba mina ndiNGUYEHOVA: andifumane
ndateta ukuti ndiya kubenzela ilishwa eli.
11 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Beta
ngesandhla sako, ungqishe ngonyawo lwa-
ko, uti: Au! ngennxa yazo zonke intsho-
ntsho ezikohlakeleyo zendhlu ka-Sirayeli;
ngokuba beya kuwa ngesirele, ngendhlala,
nangesifo esibubisayo. 12 Lowo ukude
wofa ngesifo esibubisayo; nalowo ukufupi
wowa ngesirele; nalowo useleyo, ovingce-
lweyo, uya kufa ngendhlala; kwa njalo
ndiya kugqiba umsindo wami pezu kwabo.
13 Naniya kukwazi okokuba mina ndi-
NGUYEHOVA, nxa ababuleweyo babo baya
kuba pakati kwezitixwana zabo, ngokuti
ngqonga izibingelo zazo, pezu kwazo zonke
induli ezinde, kuzo zonke inkloko zentaba,
nangapantsi kwayo yonke imiti eluhlaza,
nangapantsi kwayo yonke imikoba ebu-
ngqingqwa, indawo apo babenikela kona
ivumba elimnandi kuzo zonke izitixwana
zabo. 14 Ndandiya kwolula isandhla sami
pezu kwabo, ndilenze ilizwe libe yingcita-
kalo nentshabalalo ngapezu kwenklango
ngase-Dibela, kuzo zonke indawo zokuhla-
la kwabo; babeya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA.

7 LABUYA leza ilizwi LIKAYEHOVA kumi,
lisiti: 2 Kanjalo wena, nyana wo-
luntu! itsho INKOSI ENGUYEHOVA kulo ili-
zwe lakwa-Sirayeli, ukuti:
Ukupela, kufikile ukupela, pezu kwama-
gumbi omane elizwe. 3 Kaloku nje uku-
pela kupezu kwako; ndandiya kutuma
ingqumbo yami pezu kwako, ndikugwebe
njengokwemikwa yako, ndibeke pezu
kwako zonke izinto zako ezibuntshontsho.
4 Iliso lami aliyi kuba nosizi ngakuwe,
andiyi kuba nenceba kanjalo; koko imi-
kwa yako ndiya kuyibeka pezu kwako,
nezinto zako ezibuntshontsho zoba pakati
kwako; naniya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA. 5 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Ilishwa, ilishwa lodwa, nali lifikile.
6 Ukupela kufikile, ukupela kufikile;
kuvukele wena; nanku kufikile. 7 Umso
ufikile kuwe, wena 'mhlali welizwe! ixe-
sha lifikile, immini yesipitipiti ikufupi,
kungesiso isitonga sentaba. 8 Kakaloku
ndohla nditulule uburalarume bami pezu
kwako, ndigqibe ingqumbo yami pezu
kwako, ndikugwebe njengokwemikwa yako,
ndibeke pezu kwako zonke izinto zako ezi-
buntshontsho. 9 Iliso lami aliyi kuba no-
sizi, andiyi kuba nenceba kanjalo; nje-
ngokwemikwa yako ndiya kubeka pezu
kwako, nezinto zako ezibuntshontsho zoba
pakati kwako; naniya kukwazi ukuba ndi-
mi 'YEHOVA obetayo. 10 Nantsi immini!
nantsi ifikile! umso upumile; intonga
ihlumile; iratshi lityatyambile. 11 Ubu-
dhlwengu buvukile bube yintonga yobu-
newangu; akuyi *kusala* nento yakubo,
neyakuso isihlwele sabo, neyakubo ubutye-
bi babo; akuyi kubako isijwili pezu kwabo.
12 Ixesha lifikile, immini isondele: umte-
ngi makangavuyi, nomtengisi makanga-
lili; ngokuba umsindo oshushu upezu
kwaso sonke isihlwele salo. 13 Ngo-
kuba umtengisi engayi kubuyela koku-
tengisiweyo, nangona ubomi babo bebuse-





University of Fort Hare

ko pakati kwabahleliyo; ngokuba umbo-
niso ungennxa yaso sonke isihlwele salo;
akayi kubuya; kanjalo akuko namnye oya
kubomeleza ubomi bake ngenkohlakalo
yake. 14 Bavutele ngexilongo, nako
konke bakulungiselele; kodwa akuko
namnye oya ekulweni; ngokuba umsindo
wami oshushu upezu kwaso sonke isihlwele
salo. 15 Kuko irele ngapandhle, nesifo
esibubisayo nendhlala pakati: lowo usen-
dhle uya kufa ngerele; nalowo usesixe-
kweni, indhlala nesifo esibubisayo ziya
kumdhla. 16 Baya kusinda ke abasi-
ndileyo babo, kodwa boba sezintabeni nje-
ngamahobe asezihlanjeni, bonke benewina,
abanye ngabanye ngennxa yenkohlakalo
yabo. 17 Izandhla zonke ziya kupolelwa,
namadolo onke ohamba *njenga*manzi.
18 Kanjalo baya kubinqa ngenklakanklaka,
nengcangcazelo yobagubungela; kwoba-
ko inkloni pezu kwobuso bonke, nobunqai
pezu kwazo zonke inkloko zabo. 19 Isili-
vere yabo baya kuyiposa ezitarateni, nego-
lide yabo yoba yinto encolileyo: isilivere
yabo negolide yabo ziya kukohlwa kuku-
bahlangula ngomhla womsindo KAYEHOVA;
imipefumlo yabo aziyi kuyihlutisa, nama-
tumbu abo aziyi kuwazalisa; ngokuba zisi-
sikùbekiselo senkohlakalo yabo. 20 Nesiho-
mbo sako esihle, wasimisela ubungcwalisa;
kodwa imifanekiso yezinto zabo ezibuntsho-
ntsho, *ne*yezinto zabo ezitiyekileyo, baye-
nzile kuso: ngako oko ndisinikile kubo sibe
yinto encolileyo. 21 Ndandiya kusinika
ezandhleni zabasemzini sibe yimpango, na-
kubo abazinncwangu zomhlaba sibe lixoba,
abaya kusincolisa. 22 Nobuso bami ndo-
busonga kubo, nendawo yami efihlakeleyo
boyincolisa; ngokuba amanyangaza eya
kungena kuso, asincolise. 23 Yenza um-
xokolelwane; ngokuba ilizwe lizele nga-
matyala egazi, nesixeko sizele bubudhlwe-
ngu. 24 Ngako ndiya kuzisa izizwe ezi-
kohlakeleyo kakulu, eziya kufuya izindhlu
zabo; ndandiya kupelisa ubungangamsha
babanamandhla, nendawo zabo ezingcwele
ziya kuncoliswa. 25 Intshabalaliso iyeza;
babeya kufuna uxolo, kodwa aluyi kubako.
26 Ilishwa liya kuza pezu kwelishwa,
nereto liya kuba pezu kwereto, babeya ku-
funa umboniso kumprofite; kodwa umteto
uya kububa kumperisite, necebo kubadala.
27 Ukumkani uya kulila, nenkosana iya
kwambata ukuti nqa, nezandhla zabantu
belizwe ziya kutuswa: njengendhlela yabo
ndiya kwenza kubo, nangemigwebo yabo
ndiya kugweba bona; babeya kukwazi
okokuba mina ndiNGUYEHOVA.

8 KWAYE kute ngomnyaka wesitandatu,
ngeyesitatu *innyanga*, ngowesihlanu
*umhla* wennyanga, bendihleli endhlwini
yami, nabadala bo-Juda bebehleli pambi
kwami, sandula isandhla SENKOSI SIKAYE-
HOVA sawa pezu kwami kona apo. 2 Ndaza
ndakangela, kekaloku nankuya ukufana
*kwomntu*, njengokubonakala kwomlilo: kwa
sekubonakaleni kwesinqe sake nasezantsi,
ubungumlilo; nasesinqeni sake napezulu,
bekunjengokubonakala kwenkazimlo, nje-
ngobubengebenge bekashemali. 3 Waye-
solula imfano yesandhla, wandibamba nge-
sihlwita senkloko yami; waye UMOYA wa-
ndifunqula pakati kwomhlaba nezulu,
wandizisa e-Yerusaleme, emiboniswenі
KATIXO, elucangweni lwesango lapakati
elibeka ngasenode, apo ibikona indawo yo-
kuhlala yomfanekiso wobukwele, ovusayo
ubukwele. 4 Kekaloku nabuya kona u-
bungcwalisa BOTIXO wo-Sirayeli, njengesi-
bonakalo endasibonayo etafeni.

5 Wayesiti kumi: Nyana woluntu! pa-
kamisa ke amehlo ako ngasendhleleni ya-
senode: ndaza ndapakamisa amehlo ami
ngasendhleleni yasenode; kekaloku na-
nguya ngasenode, esangweni lesibingelo,
lomfanekiso wobukwele emnyango.

6 Walekela wati kumi: Nyana woluntu!
uyabona na oko bakwenzayo, intshontsho
ezinkulu indhlu ka-Sirayeli izenzayo apa,
ukuba ndimke kude endaweni yami eyin-
gcwele? kodwa buya ujike, wauya kubo-
na intshontsho ezinkulu *kwezi*. 7 Wandula
wandizisa elucangweni lwebala; ndaza
ndakangela; kekaloku nasi isituba eludo-
ngeni. 8 Wayesiti kumi: Nyana woluntu!
yimba ke eludongeni: ndaza ndemba elu-
dongeni; kekaloku nalu ucango. 9 Wa-
ndula wati kumi: Ngena, ukangele intsho-
ntsho ezikohlakeleyo abazenzayo apa.
10 Ndaza ndangena, ndakangela; kekalo-
ku nanzi imfano zonke zezinto ezinambu-
zelayo, nezezilo ezibi, nazo zonke izitixwa-
na zendhlu ka-Sirayeli, zibàliwe pezu
kwodonga ngento engqongayo ngamacala
onke. 11 Kwaye kumi pambi kwazo ama-
doda angamashumi asixenxe akubo abadala
bendhlu ka-Sirayeli, no-Yazaniya unyana
ka-Shafane emi pakati kwawo, amanye
ngamanye enesiqumelo sawo esandhleni



ity of Fort Hare

sawo; kanjalo into enninzi yelifu lesiqu-
miso ibinyuka.
12 Waza wati kumi: Ubonile na, nyana
woluntu! oko abadala bendhlu ka-Sirayeli
bakwenzayo ebumnyameni, abanye nga-
banye ezinkambilini zobufanekiso babo?
ngokuba besiti: UYEHOVA akasiboni; UYEHO-
VA ulishiyile ilizwe. 13 Wati kanjalo kumi:
Buya ujike, wauya kubona intshontsho
ezinkulu *nakwezi*, abazenzayo bona. 14 Wa-
ndula wandizisa elucangweni lwesango
lendhlu KAYEHOVA elingasenode; kekaloku
nabaya kona abafazi behleli pantsi belilela
u-Tamuze.
15 Waza wati kumi: Ubonile na, nyana
woluntu! Buya ujike, wauya kubona
intshontsho ezinkulu kuzo ezi. 16 Wandu-
la wandizisa ebaleni lapakati lendhlu KA-
YEHOVA; kekaloku nangaya elucangweni
lwetempile KAYEHOVA, pakati kwentende-
lezo nesibingelo, amadoda angati anga-
mashumi mabini anamahlanu, enemihlana
yawo ngakuyo itempile KAYEHOVA, nobuso
bawo ngasempumalanga, abebedesha ilanga
ngasekupumeni kwalo.
17 Waza wati kumi: Ubonile na, nyana
woluntu! Yinto elula na kwindhlu ka-
Juda ukuba kwenziwe izinto ezibuntsho-
ntsho abazenzayo apa? ngokuba bezalisile
ilizwe ngobudhlwengu, bebuyile ukundi-
qumbisa kanjalo; ewe, bona ke, bayabeka
isebe empumlweni yabo. 18 Ngako nami
ndiya kwenza ngoburalarume; iliso lami
aliyi kuba nosizi, andiyi kuba nenceba
kanjako; nakuba badanduluka ezindhle-
beni zami ngelizwi elikulu, andiyi kuba-
pulapula noko.
9 Waza wadanduluka ezindhlebeni zami
ngelizwi elikulu, esiti: Basondeze aba-
pati besixeko, abanye ngabanye benezixò-
bo zabo zokutshabalalisa ezandhleni zabo.
2 Kekaloku bona ke, kweza amadoda ama-
tandatu, ngendhlela yesango lasenkla eli-
beka ngasenode, amanye ngamanye enezi-
xòbo zawo zokubulala ezandhleni zawo,
nendoda inuye pakati kwawo ivete izivato
zeqiya, inopondo lweyinke lwombàli nga-
sesinqeni sayo; aza angena, ema kufupi
nesibingelo sexina. 3 Baye ubungewalisa
BOTIXO wo-Sirayeli bebunyukile kuyo ike-
rubime, obube bupezu kwayo, baya emnya-
ngo wendhlu. Waza wabiza kuyo indoda
ebivete izivato zeqiya, ebinopondo lweyi-
nke lwombàli ngasesinqeni sayo. 4 Wati
UYEHOVA kuyo: Canda pakati kwesixeko,
pakati kwe-Yerusaleme, ubeke upau pezu
kwamabunzi alomadoda agulayo nabefu-
nyekayo pezu kwazo zonke izinto ezi-
buntshontsho ezenzwayo pakati kwaso.
5 Nakwamanye wati ekuveni kwami:
Candani esixekweni emva kwayo, nibete;
iliso lenu malingabi nalusizi, ningabi
nanneeba kanjako: 6 amaxego, *na*mado-
dana, nentombi, nentsapo, nabafazi, babu-
laleni ngokugqibela; kodwa onke amado-
da ekupezu kwawo upau, ningasondeli
kuwo; nize niqale endaweni yami eyin-
gcwele. Aza aqala ngabadala abebepa-
mbi kwendhlu. 7 Wayesiti kuwo: Ncoli-
sani indhlu, nizalise amabala ngabahlatyi-
weyo; pumani. Aza apuma, abulala esi-
xekweni.
8 Kwaye kute, nxa abebabulala, kusele
njo mina, ndasuka ndawa ngobuso bami,
ndakala, ndati: Au, NKOSI 'YEHOVA! uya
kutshabalalisa na sonke isisalela so-Sirayeli,
ekutululeni kwako uburalarume bako pezu
kwe-Yerusaleme? 9 Wandula wati kumi:
Inkohlakalo yendhlu ka-Sirayeli no-Juda
inkulu kakulukazi; ilizwe lizalisiwe nge-
gazi, nesixeko sizele bubugwenxa; ngo-
kuba besiti: UYEHOVA ushiyile ilizwe, UYE-
HOVA akaboni. 10 Kanjalo nami, iliso lami
aliyi kuba nosizi, andiyi kuba nenceba
kanjako; indhlela yabo ndoyibuyekeza
pezu kwenkloko yabo.
11 Kekaloku bona ke, indoda ebivete
izivato zeqiya, ebinopondo lweyinke nga-
sesinqeni sayo, yabika indawo, isiti: Ndc-
nzile njengokuba ubundiyalela.
10 Ndaza ndakangela; kekaloku naukuya
esibakabakeni, esibe sipezu kwenkloko
yazo ikerubime, okunjengelitye lesafire,
njengokubonakala kwokufana kweterone,
kubonakala pezu kwazo. 2 Wayeteta
kuyo indoda ebivete izivato zeqiya, wati:
Ngena pakati kwengqengqeleko, ngapantsi
kwekerubime, uzalise izandhla zako nga-
malahle omlilo opakati kwazo ikerubime,
uwatshize pezu kwesixeko. Yaza yangena
pambi kwamehlo ami.
3 Kekaloku ikerubime zema ngeloku-
nene icala lendhlu, yakungena indoda leyo;
lati ilifu lazalisa ibala lapakati. 4 Bandula
benyuka pezulu ubungewalisa BUKAYEHOVA
kuyo ikerubime, baya pezu kwomnyango
wendhlu; yaza indhlu yazaliswa ngelifu,
lati ibala lazala yinkazimlo yobungewalisa
BUKAYEHOVA. 5 Kanjalo inklokoma yama-
piko azo ikerubime yayakala kwada kwase-



University of Fort Hare

baleni lapandhle, njengelizwi LOTIXO onamandhla
onke ekuteteni kwake.
6 Kwaye kute, akuba eyalele indoda
ebivete izivato zeqiya, esiti: Tabata umlilo
pakati kwengqengqeleko, pakati kwekerubime;
yandula yangena, yema ngasecaleni
levili. 7 Yaza ikerubime yasolula isandhla
sayo kwa pakati kwazo ikerubime, *yasolulela*
emlilweni obupakati kwazo ikerubime, yasusa
yanika ezandhleni zalowo ubevete
izivato zeqiya, owawutabatayo wapuma
ke. 8 Kwaye kubonakala kuzo ikerubime
imfano yesandhla somntu ngapantsi kwamapiko
azo.
9 Ndaza ndakangela; kekaloku nanzi
ivili ezinne zisecaleni lazo ikerubime, ivili
innye ecaleni lekerubime innye, nevili
innye ecaleni lekerubime innye; nokubonakala
kwevili kwabekunjengobubengebenge
kwelitye letareshishe. 10 Nokubonakala
kwazo, bekuko ukufana kunye kuzo
zonne, njengokungati bekuko ivili pakati
kwevili. 11 Zati zakuhamba zaya ngamacala
azo omane; bezingajiki ekuhambeni
kwazo; koko indawo yabeka inkloko
ngakuyo, zayilandela; bezingajiki ekuhambeni
kwazo. 12 Kwa wonke umzimba
wazo, nemihlana yazo, nezandhla zazo, namapiko
azo, nevili, zibe zizele ngamehlo
ngento engqongayo; kuzo zona zonne bekuko
ivili zazo. 13 Ngokwevili, kwabizwa
kuzo ekuveni kwami, *ukuti:* Intenda.
14 Kwaye kuko ubuso bune kwezinnye
ngezinnye; ubuso bokuqala bebububuso
bekerubime, nobuso besibini bebububuso
bomntu, nobesitatu bebububuso bengonyama,
nobesine bebububuso bokozi. 15 Zasuka
ikerubime zenyuka pezulu. Esi sisidalwa
esipilileyo endasibonayo ngasemlanjeni
we-Kebare.
16 Zati zakuhamba ikerubime, zahamba
ivili ecaleni lazo; naxeshekweni ikerubime
zapakamisa amapiko azo zinyuke pezulu
kuwo umhlaba, azajika ivili nazo kwa
secaleni lazo. 17 Nxa zemayo zona, zema
*ezi;* nanxa zenyuka pezulu zona, zenyuka
pezulu ezi; ngokuba ummoya wesidalwa
esipilileyo ubukuzo.
18 Baza ubungcwalisa BUKAYEHOVA bapuma
pezu kwomnyango wendhlu, baya
bema pezu kwazo ikerubime. 19 Zasuka
ikerubime zapakamisa amapiko azo, zenyuka
pezulu kuwo umhlaba pambi kwamehlo
ami, ekupumeni kwazo, nevili kunye
nazo; zaya zema elucangweni lwesango
lasempumalanga lendhlu KAYEHOVA; kanjalo
ubungcwalisa BOTIXO wo-Sirayeli bebupezu
kwazo ngapezulu. 20 Esi sisidalwa
esipilileyo endasibonayo ngapantsi KWOTIXO
wo-Sirayeli ngasemlanjeni we-Kebare;
ndaye ndisazi ukuba zikerubime zona.
21 Kwaye kuko ubuso bune kuzo zonke
ezinnye ngezinnye, namapiko emane kwezinnye
ngezinnye, nokufana kwezandhla
zomntu ngapantsi kwamapiko azo. 22 Nokufana
kwobuso bazo, bukwa bubo ubuso
endandibubona ngasemlanjeni we-Kebare,
izibonakalo zabo nabo bona: zaya ezinnye
ngezinnye ngokuti ngqo.

11 Waza UMOYA wandifunqula, wandizisa
esangweni lasempumalanga lendhlu
KAYEHOVA, elibeka ngasekupumeni kwelanga:
kekaloku nanga eselucangweni
lwesango amadoda angamashumi mabini
anamahlanu; endabona pakati kwawo u-Yazaniya
unyana ka-Hazure, no-Pelatiya
unyana ka-Benaya, inkosi zabantu. 2 Wayesiti
kumi: Nyana woluntu! ngawo la
amadoda aqingayo ubumenemene, nacebayo
icebo elikohlakeleyo kwesisixeko; 3 ati:
Akukufupi, ukwakiwa kwezindhlu; sona
siyimbiza, nati siyinnyama. 4 Ngako oko
profitesha ngakuwo, profitesha, nyana woluntu!
5 Waza umoya KAYEHOVA wawa
pezu kwami, wati kumi: Yiti: Utsho
UYEHOVA ukuti: Kungokunjalo nitshilo,
ndhlu ka-Sirayeli! ngokuba izinto ezivukileyo
emmoyeni wenu ndizazi mina *zonke.*
6 Nibandisile ababuleweyo benu kwesisixeko,
nezitarate zaso nizizalisile ngababuleweyo.
7 Ngako oko itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Ababuleweyo benu,
enibabekileyo pakati kwaso, bona bayinnyama,
naso sona siyimbiza; kodwa nina
ndonipumisa pakati kwaso. 8 Irele niloyikile,
nerele ndiya kulizisa pezu kwenu,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA. 9 Ndandiya kunipumisa
pakati kwaso, ndininikele esandhleni
sabasemzini, ndenze imigwebo
pakati kwenu. 10 Niya kuwa ngerele:
pezu kwomda wakwa-Sirayeli ndiya kunigweba;
naniya kukwazi okokuba mina ndiNGUYEHOVA.
11 Sona asiyi kuba yimbiza
kuni, nani aniyi kuba yinnyama pakati
kwaso; kwa semdeni wakwa-Sirayeli ndiya
kunigweba. 12 Naniya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA, eningahambanga ngemimiso
yami, nezigwebo zami ningazenzanga,
koko nenzile ngezigwebo zabaheyideni
abaningqongayo.



University of Fort Hare

13 Kwaza kwati, nxa ndibe ndiprofite-
sha, wabuba u-Pelatiya unyana ka-Benaya.
Ndaza ndawa ngobuso bami, ndakala nge-
lizwi elikulu, ndati: Au, NKOSI 'YEHOVA!
uya kukwenza na ukugqityelwa kwesisa-
lela so-Sirayeli?
14 Laza ilizwi LIKAYEHOVA leza kumi, li-
siti: 15 Nyana woluntu! abazalwana bako,
abazalwana bako, amadoda okwalamana
kwako, nayo yonke indhlu ka-Sirayeli ipela,
ngabo abemi base-Yerusaleme bate kubo:
Yibani kude KUYEHOVA; linikiwe kuti eli-
lizwe libe lilifa. 16 Yiti ke ngoko: Itsho
INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Nakuba ndiba-
fudusele kude pakati kwabaheyideni, na-
kuba kanjalo ndibate sa pakati kwamazwe,
ndoba yindawo eyingcwele kubo ngomzu-
zwana noko emazweni apo bafikile kona.
17 Yiti ke ngoko: Itsho INKOSI ENGUYE-
HOVA ukuti: Ndonibuta kwa sezizweni,
ndonihlanganisa kwa semazweni enitiwe
sa kuwo, ndandiya kuninika ilizwe lakwa-
Sirayeli. 18 Babeya kuza kona, baeuse
zonke izinto zalo ezitiyekileyo, nazo zonke
izinto zalo ezibuntshontsho, kwa kulo. 19
Ndandiya kubanika inkliziyo innye, nom-
moya omtsha ndowubeka pakati kwenu;
ndandiya kususa inkliziyo yelitye ennya-
meni yabo, ndibanike inkliziyo yennyama;
20 ukuze bahambe emimisweni yami, ne-
zigwebo zami bazigcine, bazenze nokuze-
nza: bandule babe ngabantu kumi, ndibe
NGUTIXO kubo mina. 21 Kodwa abankli-
ziyo iya emva kwenkliziyo yezinto zabo
ezitiyekileyo nezinto zabo ezibuntsho-
ntsho, indhlela yabo ndoyibuyekeza pezu
kwenkloko yabo, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
22 Zandula ikerubime zapakamisa ama-
piko azo, nevili kunye nazo; nobungcwa-
lisa BOTIXO wo-Sirayeli bebupezu kwazo
ngapezulu. 23 Baza ubungcwalisa BUKA-
YEHOVA benyuka pakati kwesixeko, baya
bema pezu kwentaba engecala lasempuma-
langa lesixeko.
24 Wabuya UMOYA wandifunqula, wa-
ndizisa e-Kaledine, kubatinjwa, ngesibo-
nakaliso somoya KATIXO: sada senyuka
kumi isibonakalo endandisibonile. 25
Ndaza ndateta kubatinjwa zonke izinto
ZIKAYEHOVA, abendibonisile zona.

12 KANJAKO ilizwi LIKAYEHOVA leza
kumi, lisiti: 2 Nyana woluntu! uya-
hlala pakati kwayo indhlu enenkani;
abanamehlo okubona, kanti ababoni; aba-
nendhlebe zokuva, kanti abeva: ngokuba
beyindhlu enenkani bona. 3 Ngako wena,
nyana woluntu! zenzele impahla zokufu-
duka, uze ufuduke ngemmini pambi kwa-
mehlo abo; wauya kufuduka endaweni
yako uye kwennyo indawo pambi kwame-
hlo abo; kungati baya kugqala, nakuba
beyindhlu enenkani. 4 Wauya kukupa
impahla zako njengempahla zokufuduka
ngemmini pambi kwamehlo abo: nawe
uya kupuma ngokuhlwa pambi kwamehlo
abo njengokupuma kwabafudukayo. 5 Pa-
mbi kwamehlo abo zimbele eludongeni,
upume nazo ngalo. 6 Pambi kwamehlo
abo zityate egxalabeni, upume nazo kwa-
kuti ratya; ubuso bako wobugubungela,
ukuba ungaboni umhlaba: ngokuba ndi-
kwenzile umqondiso kuyo indhlu ka-Sira-
yeli. 7 Ndenje njalo ke, njengokuba
bendiyalelwe: impahla zami ndazikupa
njengempahla zokufuduka ngemmini, na-
ngokuhlwa ndazimbola eludongeni ngesa-
ndhla sami; nxa kute ratya ndapuma nazo;
pezu kwegxalaba ndazityata pambi kwa-
mehlo abo.
8 Laye lisiza ilizwi LIKAYEHOVA kumi
kwakusa, lisiti: 9 Nyana woluntu! indhlu
ka-Sirayeli, indhlu enenkani, abatshongo
na kuwe besiti: Wenza 'nto nina wena?
10 Yiti kubo: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Lomgwebo *ungayo* inkosi e-Yerusa-
leme, nayo yonke indhlu ka-Sirayeli epa-
kati kwabo. 11 Yiti: Ndingumqondiso
mina kuni; njengokuba ndenje *njalo*, kuya
kwenziwa njalo kubo; ngokufuduswa *na*-
ngokutinjwa baya kumka. 12 Nenkosi
epakati kwabo yona iya kutyata egxalabeni
nxa kute ratya, ipume ke; baya kumba
eludongeni, ukuba kupunyiswe ngalo; u-
buso bayo yobugubungela, ukuze ingawu-
boni umhlaba ngamehlo. 13 Notambo
lwami ndolwaneka pezu kwayo, ize iba-
njiswe emgibeni wami; ndandiya kuyizisa
e-Babilone, elizweni lama-Kaledine; ko-
dwa yona ayiyi kuyibona, noko iya kufela
kona. 14 Nabo bonke abayingqongayo
incedwe, nawo onke amabandhla ayo, ndo-
bacitela kuyo yonke imimoya; nerele ndo-
lirolela emva kwabo. 15 Babeya kukwazi
okokuba mina ndiNGUYEHOVA, nxa ndibati
sa pakati kwezizwe, na*nxa* ndibacita pakati
kwamazwe. 16 Koko ndiya kusalisa kubo
intwana enncinane yabantu ereleni, *nase*n-
dhlaleni, nasesifeni esibubisayo; ukuze
bashumayele zonke izinto zabo ezibuntsho-



University of Fort Hare

ntsho pakati kwabaheyideni apo bafika
kona; babeya kukwazi okokuba mina ndi-
NGUYEHOVA.
17 Kanjako ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
mi, lisiti: 18 Nyana woluntu! sitye isonka
sako ngokututumela, namanzi ako uwasele
ngokungcangcazela nangesitukutezi. 19
Uze uti kubo abantu belizwe: Itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ngabo abemi base-Yerusaleme,
*na*ngalo ilizwe lakwa-Sirayeli, ukuti: Iso-
nka sabo baya kusitya ngesitukutezi, nama-
nzi abo bowasela ngokuti nqa, ukuze ilizwe
layo lihlutwe ukuzala kwalo, ngennxa yo-
budhlwengu babo bonke abahleli kulo. 20
Izixeko ezimiwayo ziya kwenzwa ama-
nxuwa, nelizwe loba 'bugxwayiba; naniya
kukwazi okokuba mina ndiNGUYEHOVA.
21 Labuya leza ilizwi LIKAYEHOVA kumi,
lisiti: 22 Nyana woluntu! uyinto nina
lomzekeliso *e*ninawo elizweni lakwa-Sira-
yeli, usiti: Imihla iyolulwa, nayo yonke
imiboniso iti tshabalala? 23 Ngako oko
yiti kubo: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Ndiya kupelisa lomzekeliso, bade banga-
buyi bazekelise ngawo kwa-Sirayeli. Ko-
dwa teta kubo, *uti:* Imihla ikufupi, nen-
dawo yayo yonke imiboniso. 24 Ngokuba
kungasayi kuba seko namnye umboniso
ongendawo, nokulaula okubutelezi, pakati
kwendhlu ka-Sirayeli. 25 Ngokuba mina
'YEHOVA ndiya kuteta elozwi endiya kuteta
lona, laliya kufezwa; alisayi kulityaziswa;
ngokuba kwa semihleni yenu, ndhlu e-
nenkani! ndiya kuliteta ilizwi, ndilifeze,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
26 Lalekela ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
mi, lisiti: 27 Nyana woluntu! bona ke,
indhlu ka-Sirayeli iti: Umboniso awubo-
nayo ngowemihla emininzi; uyaprofitesha
ngawo amaxesha akude. 28 Ngako oko
uti kubo: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Akusayi kulityaziswa amazwi ami nalinye;
elozwi ndilitetayo, liya kufezwa ke, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA.

13 LAYE ilizwi LIKAYEHOVA lisiza kumi,
lisiti: 2 Nyana woluntu! profitesha
ngakubo abaprofite bakwa-Sirayeli abapro-
fiteshayo, uti kubo abaprofiteshayo okuvela
kwezabo inkliziyo: Yivani ilizwi LIKAYE-
HOVA:
3 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Kwo-
ba nzima kubo abaprofite abanyabileyo,
abalandela owabo umoya, abangabonanga
'nto! 4 Abaprofite bako, Sirayeli! banje-
ngempunguttye ezisezindaweni ezicitake-
leyo. 5 Aninyukelanga ezirotyeni, aniyi-
biyanga ngodonga indhlu ka-Sirayeli ka-
njalo, kuze kumiwe ekulweni ngomhla
KAYEHOVA. 6 Babonile okungendawo no-
kulaula okubuxoki, abati: Utsho UYEHOVA;
nakuba UYEHOVA angabatumanga: bato-
mbisile *abanye* noko ukuba kuqiniswe ili-
zwi. 7 Anibonanga na umboniso onge-
ndawo, nokulaula okubuxoki anikutetanga
na? Noko niti: Utsho UYEHOVA; nakuba
ndingatetanga. 8 Ngako oko itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Ngennxa yokuba nite-
tile okungendawo, nokuba nibonile okubu-
xoki, ngako oko, bona ke, ndingakuni, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA. 9 Saye isandhla sami
siya kuba pezu kwabaprofite ababonayo
okungendawo, nabalaulayo ubuxoki; esi-
hlelweni sabantu bami abayi kubako,
nesesibàlelweni sendhlu ka-Sirayeli abayi
kubàlwa; naselizweni lakwa-Sirayeli abayi
kungena; naniya kukwazi okokuba mina
ndiYINKOSI ENGUYEHOVA. 10 Ngokuba,
ewe ngokokuba belahlekisile abantu bami,
besiti: Luxolo; nxa kungeko uxolo; ati
omnye ake udonga, bati, bona ke, abanye
baluqabe ngekalike: 11 yiti kubo abaqa-
bayo ngekalike, ukuba luya kuwa: kuya
kubako isipango esikukulayo; nani, zicoto
ezikulu! niya kuwa; nommoya woqwitela
wo*lu*candekisa. 12 Bona ke, lwakuwa
udonga olo, akuyi kutiwa kuni na: Lipina
iqabo eniqabileyo ngalo? 13 Ngako oko
itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ewe
ndo*lu*candekisa ngommoya woqwitela ngo-
buralarume bami, kwakuya kubako isipa-
ngo esikukulayo ngengqumbo yami, nezi-
coto ezikulu ngoburalarume *bami*, zi*lu*gqi-
bele. 14 Ndandiya kucita udonga enilu-
qabileyo ngekalike, ndiluwisele emhlabeni,
ude utyileke umsekelo walo; lona luya
kuwa, nani niya kugqityelwa pakati
kwalo; naniya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA. 15 Kwa njalo ndiya ku-
gqiba umsindo wami pezu kwodonga, na-
pezu kwabo abaluqabileyo ngekalike;
ndandiya kuti kuni: Udonga olo aluseko,
nabo baluqabileyo abaseko; 16 *kwa* aba-
profite bakwa-Sirayeli, abaprofiteshayo
ngayo i-Yerusaleme, abayibonela umboniso
woxolo, nxa kungeko uxolo; itsho INKOSI
ENGUYEHOVA.
17 Kanjalo wena, nyana woluntu! beka
ubuso bako ngakuzo intombi zabantu bako,
eziprofiteshayo okuvela kwezazo inkliziyo,



University of Fort Hare

uprofiteshe ngakuzo, 18 uti: Itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Makube nzima kuba-
fazi abatungela imiqamelo ngakuwo ama-
kwapa onke, bazenze izigqubutelo pezu
kwenkloko zobude bonke, kuze kuzingelwe
imipefumlo! Niya kuzingela imipefumlo
yabantu bami na, neyenu imipefumlo niyi-
londoloze ebomini nje? 19 Nami niya
kundidyoba na pakati kwabantu bami,
ngamaqobana eralasi nangamaqezu esonka,
ukuba kufiswe imipefumlo enga ingafi, no-
kuba kulondolozwe ebomini imipefumlo
enga ingadhli ubomi, ngokuxoka kwenu
ebantwini bami abevayo ubuxoki? 20
Ngako oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Bona ke, ndingakuyo imiqamelo yenu, eni-
zingela imipefumlo ngayo kona njengen-
taka; ndandiya kuyirazula ezingalweni
zenu, ndiyindulule imipefumlo, leyo imi-
pefumlo niyizingelayo njengentaka. 21
Ndiya kurazula izigqubutelo zenu nazo,
ndihlangule abantu bami esandhleni senu,
bade bangabi sabiko esandhleni senu uku-
zingelwa; naniya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA. 22 Ngokokuba nikedami-
sile inkliziyo yolungileyo ngobuxoki, endi-
ngayikedamisanga mina, nokuba nizomele-
zile izandhla zokohlakeleyo, ukuze anga-
buyi endhleleni yake ekohlakeleyo, ukuba
kulondolozwe ubomi bake; 23 ngako oko
anisayi kubona okungendawo, nokulaula
aniyi kubuya nikwenze; ngokuba ndiya
kuhlangula abantu bami esandhleni senu;
naniya kukwazi okokuba mina ndiNGUYE-
HOVA.

14 KWANDULA kweza kumi amadoda
akubo abadala bo-Sirayeli, ahlala pa-
ntsi ebusweni bami. 2 Laza ilizwi LIKA-
YEHOVA leza kumi, lisiti: 3 Nyana woluntu!
lamadoda apakamisile izitixwana zawo
ezinkliziyweni zawo, nesikùbekiselo senko-
hlakalo yawo asibekile pambi kwobuso
bawo: ngendiba ndika ndibuzelwe ngawo
na? 4 Ngako oko teta nawo, uti kuwo:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Onke ama-
doda akwindhlu ka-Sirayeli azipakamisayo
izitixwana zawo ezinkliziyweni zawo, asi-
beke isikùbekiselo senkohlakalo yawo pa-
mbi kwobuso bawo, eze kuye umprofite;
mina 'YEHOVA ndiya kupendula lowo uzayo,
ngokuba zininzi kwezitixwana zake; 5
ukuze ndibambe indhlu ka-Sirayeli nge-
yabo inkliziyo, ngokokuba bona bonke ba-
hlukene nami ngezitixwana zabo.

6 Ngako oko yiti kwindhlu ka-Sirayeli:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Guqukani,
niziguqule kuzo izitixwana zenu; nakuzo
zonke izinto zenu ezibuntshontsho bugu-
quleni ubuso benu. 7 Ngokuba owakuyo
indhlu ka-Sirayeli, nowakuye owasemzini
opambukele kwa-Sirayeli, osukuba azahlule
kumi, azipakamise izitixwana zake ezinkli-
ziyweni zake, asibeke isikùbekiselo senko-
hlakalo yake pambi kwobuso bake, eze
kumprofite ukuzibuzela yena ngami; mina
'YEHOVA ndiya kumpendula ngokwami: 8
ndandiya kumisa ubuso bami ngakuyo
indoda leyo, ndiyenze umqondiso nomze-
keliso, ndiyinqamle kwa pakati kwabantu
bami; naniya kukwazi okokuba mina ndi-
NGUYEHOVA. 9 Nomprofite, nxa acengwayo,
andule atete into, mina 'YEHOVA ndimce-
ngile umprofite lowo, ndandiya kusolula
isandhla sami pezu kwake, ndimtshabala-
lise pakati kwabantu bami o-Sirayeli. 10
Netyala labo baya kulitwala; njengetyala
lobuzayo loba njalo ityala lomprofite; 11
ukuze indhlu ka-Sirayeli ingabuyi ilahleke
kumi, nokuze ingabuyi incoliswe ngazo
zonke izigqito zabo; baze babe ngabantu
kumi, nami ndibe NGUTIXO kubo, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA.

12 Leza ilizwi LIKAYEHOVA kumi kanjalo,
lisiti: 13 Nyana woluntu! ilizwe nxa lo-
nayo ngakumi ngokwenza ngobumenemene
kakulu, ndandule ndisolule isandhla sami
pezu kwalo, ndilapulele umsimelelo weso-
nka, nditume pakati kwalo indhlala, ndi-
nqamle kulo abantu nezilo; 14 nakuba
abeko lamadoda matatu, u-Nowa, *no*-Da-
nyeli, no-Jobi, pakati kwalo, bona ngobu-
lungisa babo bebeya kuhlangula imipefu-
mlo yabo *yodwa*, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
15 Ukuba ndiyenza amaramnewa acande
elizweni, alihlute abantwana, lize libe 'bu-
gxwayiba, kude kungabiko 'mntu odhlu-
layo ngennxa yamaramnewa; 16 *nakuba*
lamadoda matatu abepakati kwalo, ndihleli
nje mina, itsho INKOSI ENGUYEHOVA, ebe-
ngayi kuhlangula nonyana nentombi; wona
odwa aya kuhlangulwa, kanti ilizwe loba
'bugxwayiba. 17 Umhlaumbi ukuba ndi-
yazisa irele pezu kwelizwe elo, nditi:
Rele! canda elizweni; ndize ndinqamle
kulo abantu nezilo; 18 nakuba lamadoda
matatu abepakati kwalo, ndihleli nje mina,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA, ebengayi kuhla-
ngula onyana nentombi, koko ebeya ku-
hlangulwa wona odwa. 19 Umhlaumbi



University of Fort Hare

ukuba ndiyatuma isifo esibubisayo pakati
kwelizwe elo, nditulule uburalarume bami
pezu kwalo ngegazi, kuze kunqanyulwe
kulo abantu nezilo; 20 nakuba u-Nowa,
no-Danyeli, no-Jobi, bebepakati kwalo,
ndihleli nje mina, itsho INKOSI ENGUYEHOVA,
bebengayi kuhlangula nonyana nentombi;
bona ngobulungisa babo bebeya kuhlangula
eyabo imipefumlo *yodwa*. 21 Ngokuba
isitsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Kwoba
kangakananina ngakumbi ke nxa nditu-
mayo imigwebo yami emibi yomine, irele,
nendhlala, namaramncwa, nesifo esibubi-
sayo, pezu kwe-Yerusaleme, kuze kunqa-
nyulwe kuyo abantu nezilo? 22 Noko,
bona ke, kuya kusaliswa kuyo abasindi-
leyo, abaya kupunyiswa, onyana nentombi:
bona ke, baya kupumela kuni, naniya ku-
bona indhlela yabo nezenzo zabo; naniya
kututuzelwa ngalo ilishwa endilizisileyo
pezu kwe-Yerusaleme, ngako konke endi-
kuzisileyo pezu kwayo. 23 Baya kunitu-
tuzela, nxa nibona indhlela yabo nezenzo
zabo; naniya kukwazi ukuba andenzanga
konke endikwenzile kuyo kungeko 'tuba,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

15 LAYE ilizwi LIKAYEHOVA lisiza kumi,
lisiti: 2 Nyana woluntu! uyinto nina
umti weveyine ngapezu kwemiti yonke,
nesebe *lawo ngapezu* kwapakati kwemiti
yehlati? 3 Kwotatyatwa kuwo na umti
wokwenza isetyenzwa? umhlaumbi baya
kutabata kuwo ibaxa na, ukuba ku-
xònywe pezu kwalo ennye impahla? 4
Bona ke, unikwa emlilweni ube zinkuni;
inncamo zawo zombini umlilo uyazitshisa,
nompakati wawo uraukile; ulungele ise-
tyenzwa na? 5 Bona ke, wakuba upela,
awenzelwa isetyenzwa; kancinane kanga-
kananina ngakumbi ke, nxa umlilo uwu-
tshisile, na*nxa* uraukile, ungayi kuba use-
nzelwa isetyenzwa?

6 Ngako oko, itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Njengomti weveyine pakati kwe-
miti yehlati, endiwunikileyo emlilweni
ube zinkuni, kwa njalo ndibanikile abemi
base-Yerusaleme. 7 Ndandiya kumisa u-
buso bami ngakubo; baya kupuma *komnye*
umlilo, wandule *omnye* umlilo ubadhle;
naniya kukwazi okokuba mina ndiNGUYE-
HOVA, ndakubeka ubuso bami ngakubo. 8
Nelizwe ndiya kulenza 'bugxwayiba, ngen-
nxa yokuba benzile ngobumenemene ka-
kulu, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

16 LALEKELA ilizwi LIKAYEHOVA leza
kumi, lisiti: 2 Nyana woluntu! ya-
zisa i-Yerusaleme izinto zayo ezibuntsho-
ntsho, 3 uti:

Itsho INKOSI ENGUYEHOVA kuyo i-Yerusa-
leme ukuti: Ukuvela kwako nokuzalwa
kwako bekukulo ilizwe laba-Kanane; uyi-
hlo ebengum-Amori, nonyoko ebengum-
Hetekazi. 4 Nokuzalwa kwako, emhleni
ubuzalwa ngawo, ubunganqanyulwa inka-
ba, ubungahlanjwa ngamanzi ukuba kuco-
cwe; ubungake umvumvuzelwe ngetyuwa,
ubungake usongelwe eziqoqweni kanjako.
5 Bekungeko iliso elinosizi pezu kwako,
ukuba likwenzele ennye kwez*izinto*, ukuba
libe nenceba ngakuwe; koko ubulahlelwa
endhle ngokudelwa kwobomi bako, emhleni
ubuzalwa ngawo. 6 Ndaza ndadhlula
ngakuwe, ndakubona ugqusha egazini
lako; ndaye ndisiti kuwe usegazini lako:
Pila; ewe, ndati kuwe usegazini lako:
Pila. 7 Ndakwenza amawakawaka nje-
ngokuhluma kwezindhle; wada wanda,
waba mkulu, wangena ekuhonjweni kaku-
lu; amabele ako abonxa, nenwele zako
zakula; kanti ubuzé, ubuhlubulukile.

8 Ndati ndakudhlula ngakuwe, ndaku-
kangela; kekaloku bona ke, ixesha lako
belilixesha lotando; ndaza ndandhlala
isondo *lengubo* yami pezu kwako, ndabugu-
bungela ubuzé bako, ndakufungela, nda-
ngena elucebanweni nawe, itsho INKOSI
ENGUYEHOVA, waza waba ngowami. 9
Ndaza ndakuhlamba ngamanzi, ndahlanza
igazi lako kuwe, ndakutambisa ngeoli. 10
Ndakuvatisa ngenncawe etungiweyo nga-
mabala ngamabala, ndakunika izihlangu
zezintsu zamacelesi, ndakubopela ngeqiya
eshiceneyo, ndakugubungela ngesilike.
11 Ndakuhomba ngezihombo, ndafaka iza-
colo pezu kwezandhla zako, nesambalo
entanyeni yako. 12 Ndafaka umsesane
empumlweni yako, namacici ezindhlebeni
zako, nesitsaba esihle enklokweni yako.
13 Kwa njalo ubuhonjwa ngegolide nange-
silivere; nokuvata kwako bekuyiqiya eshi-
ceneyo, nesilike, nenncawe etungiweyo
ngamabala ngamabala; wabusidhla umgubo
ocolekileyo, nobusi, neoli; wabunobu-
nzwakazi obukulu kunene, wahambiseka
wada waba bubukumkani. 14 Laye udumo
lwako lupuma pakati kwezizwe ngennxa
yobunzwakazi bako; ngokuba bube bufeze-
kile ngenkazimlo yami, endandiyibekile
pezu kwako, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.



University of Fort Hare

15 Kodwa ubutembela kubo ubunzwa-
kazi bako, wenza umbulo ngennxa yodu-
mo lwako; ewe watulula imibulo yako
pezu kwosukuba edhlula; bube bubo-
bake. 16 Waza watabata ezingutyeni
zako, wazenzela indawo ezipakamileyo
ezinamabala ngamabala, wenza umbulo
pezu kwazo: bekungezanga *okunjalo*, akuyi
kubako kanjako. 17 Wabutabata impahla
zako ezinkle, ezegolide yami nezesilivere
yami, ezo ndazinikayo kuwe, wazenzela
imifanekiso yamadoda, wenza umbulo nayo.
18 Watabata nengubo zako ezitungiweyo
ngamabala ngamabala, wayigubungela;
neoli yami nesiqumiso sami wazibeka pa-
mbi kwayo. 19 Nokutya kwami endaku-
nikayo kuwe, umgubo ocolekileyo, neoli,
nobusi, endakudhlisayo, kwa kona ukube-
kile pambi kwayo kube livumba elimnandi:
kwaye kunjalo ko, itsho INKOSI ENGUYE-
HOVA. 20 Kanjako watabata onyana bako
nentombi zako, obundizalele bona, waba-
bingela kuyo ukudhliwa. Yinto enncinane
na imibulo yako, 21 ukuba ubabulele aba-
ntwana bami, nokuba ubanikele, ngokuba-
dhlulisa *emlilweni* pambi kwayo? 22 Na-
kunye nazo zonke izenzo zako ezibuntsho-
ntsho nemibulo yako, akukumbulanga
imihla yobutsha bako, ngexesha lobuzé
bako nokuhlubuluka kwako, wakugqusha
egazini lako. 23 Kwaza kwati, emva
kwako konke ukukohlakala kwako, (ubu-
nzima, ubunzima bube kuwe! itsho INKOSI
ENGUYEHOVA,) 24 wabuzakela indhlwana
yombulo, wazenzela indawo epakamileyo
kuzo zonke izitarate. 25 Kuwo onke ama-
ncame endhlela uyakile indawo yako epa-
kamileyo, wabenza ubunzwakazi bako bu-
zondwe; nennyawo zako uzivulele bonke
abadhlulayo, nemibulo yako uyandisile.
26 Kanjalo uwenzile umbulo nama-Jipete
abamelwane bako, angabakulu ngennyama:
nemibulo yako uyandisile, ukuba undiqu-
mbise. 27 Ngako, bona ke, ndisolule isa-
ndhla sami pezu kwako, ndipungule isabe-
lwa sako, ndikunikele entandweni yabo
bakutiyayo, intombi zama-Filistiya, ezida-
nileyo ngennxa yendhlela yako ebutshini-
tshini. 28 Wenze umbulo nama-Asiriya
nawo, ngennxa yokuba ubungenakuncanyi-
swa; ewe, wenzile umbulo nawo, kanti
ubungancanyiswa noko. 29 Uwandisile
umbulo wako nasezweni le-Kanane kwada
kwaso-Kalediue; kodwa ubungancanyiswa
nakoku. 30 Injanina ukuba 'butataka
inkliziyo yako, itsho INKOSI ENGUYEHOVA;
ekubeni uzenza zonke *izinto*, ukwenza
kwomrexezikazi osileyo; 31 ekubeni uyaka
indhlwana yombulo yako enncameni yen-
dhlela zonke, nendawo yako epakamileyo
uyenza kuzo zonke izitarate; ungabanga
njengompinyiswa, ngokugxeka umvuzo!
32 Ubungumfazi orexezayo, owamkela aba-
semzini nxa apantsi kwendoda yake. 33
Kubo bonke abapinyiswa kupiwa amabaso;
kodwa wena uyawapa amabaso ako kubo
bonke abatandi bako; uyabasela bona,
ukuba beze kuwe bevela emacaleni onke
ngennxa yemibulo yako. 34 Kanjako kuko
kuwe okupambene nabafazi, ekubeni uwe-
nza umbulo, nxa kungalandelwa ukwenza
umbulo, nasekubeni uwunika umvuzo, nxa
umvuzo unganikwa kuwe; kwa njalo ko
unokupambana.

35 Ngako oko, mpinyiswa! yiva ilizwi
LIKAYEHOVA. 36 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Ngokokuba kutululwe intsila yako,
nokuba kutyiliwe ubuzé bako, ngemibulo
yako kunye nabatandi bako, nakunye nazo
zonke izitixwana zezinto zako ezibuntsho-
ntsho, nangegazi labantwana bako, obuba-
nika kuzo; 37 ngako oko, bona ke, ndiya
kuhlanganisa bonke abatandi bako, obu-
mnandi kubo, kwa bonke abo ubatandileyo,
kunye nabo bonke ubatiyileyo; ndobahla-
nganisa ke ngakuwe ngento engqongayo,
ndibatyilele ubuzé bako, bade babone
bonke ubuzé bako. 38 Ndandiya kuku-
gweba ngokugwetywa kwabarexezikazi
nabapalaza igazi; ewe, ndokunika igazi
loburalarume nobukwele. 39 Ndandiya
kukunikela esandhleni sabo, babeya kucita
indhlwana yombulo yako, bawise pantsi
indawo zako ezipakamileyo; bokuhluba
izivato zako, basuse impahla zako ezinkle,
bakushiye uzé uhlubulukile. 40 Babeya
kunyusa ngakuwe umhlambi, bakugibiselo
ngamatye, bakuhlahle ngamarele abo. 41
Baya kutshisa izindhlu zako ngomlilo,
benze imigwebo pezu kwako pambi kwa-
mehlo abafazi abaninzi: ndandiya kukwe-
nza uyeke ukuba ngumpinyiswa; kanjalo
nomvuzo akuyi kubuya uwunike. 42
Kwa njalo uburalarume bami ngakuwe
ndiya kubupumza, buti ubukwele bami
bumke kuwe; ndoba nditi tu, ndi-
ngabuyi ndiqumbe. 43 Ngennxa yokuba
ungakumbulanga imihla yobutsha bako,
koko undicapukisile ngazo zonke *izinto*,
ngako nami, bona ke, ndiya kubuyokeza



University of Fort Hare

indhlela yako pezu kwenkloko *yako*, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA; waungayi kukwenza
okuhlazekileyo ngapezu kwazo zonke
izinto zako ezibuntshontsho. 44 Bona ke,
bonke abazekelisayo baya kuzekelisa pezu
kwako, ngokuti: Njengokuba enjalo unina,
*injalo* intombi yake. 45 Uyintombi yo-
nyoko wena, obedela indoda yake naba-
ntwana bake; kanjalo ungudade wodade
bako wena, abadela amadoda abo naba-
ntwana babo; unyoko ebengum-Hetekazi,
noyihlo ebengum-Amori. 46 Udade wako
omkulu yi-Samariya, yona nentombi zayo,
ehlala ngasekohlo kwako; nodade wako
omncinane kuwe, ohlala ngasekunene kwa-
ko, yi-Sodome nentombi zayo. 47 Kodwa
ngendhlela zazo akuhambanga, nanjenge-
zinto zazo ezibuntshontsho akwenzanga;
*oko* bekuyinto encinane kodwa; waza
wonakaliswa ngapezu kwazo kuzo zonke
indhlela zako. 48 Ndihleli nje, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA, i-Sodome udade wako
ayenzanga, yona nentombi zayo, njengo-
kuba wenzile wena nentombi zako. 49
Bona ke, bubo obu ubono be-Sodome udade
wako: iratshi, ukudikwa sisonka, nokwo-
nwaba okunqabileyo bekuko kuyo nakuzo
intombi zayo; isandhla samahlwempu na-
basweleyo ayasomeleza. 50 Zaye ziqan-
qalaza, zenza into ebuntshontsho pambi
kwami; ndaza ndazisusa njengoko ndabo-
nayo. 51 Nayo i-Samariya isiqingata se-
zono zako ayisenzanga; koko uzandisile
izinto zako ezibuntshontsho ngapezu kwa-
bo, waugwebele odade bako ngazo zonke
izinto zako ezibuntshontsho ozenzileyo.
52 Nawe, litwale ihlazo lako, ogwebileyo
odade bako ngazo izono zako, ozenzileyo
ngendawo ebuntshontsho ngapezu kwabo;
bakugqitisile ngokulunga: ewe yiba uda-
nile nawe, ulitwale ihlazo lako, ekubeni
ubagwebele odade bako.
53 Ndandiya kubuyisa ukutinjwa kwazo,
ukutinjwa kwe-Sodome nentombi zayo,
nokutinjwa kwe-Samariya nentombi zayo,
nokutinjwa kwabatinjwa bako pakati kwa-
zo; 54 ukuze ulitwale ihlazo lako, udani-
swe ngennxa yako konke ukwenzileyo,
ekuzitutuzeleni kwako. 55 Baye odade
bako, i-Sodome nentombi zayo, beya kubu-
yela kokwapambili ukumila kwabo, nayo
i-Samariya nentombi zayo ziya kubuyela
kokwapambili ukumila kwazo, nawe nento-
mbi zako niya kubuyela kokwapambili
ukumila kwenu. 56 Nangona i-Sodome,
udade wako, ibingavakali emlonyeni wako,
ngomhla weratshi lako; 57 ingekatyilwa-
nga inkohlakalo yako, njengasexesheni
lokugxeka kwentombi zase-Siriya, nazo
zonke eziyingqongayo, intombi zama-Fili-
stiya, ezikucekisayo ngokuti ngqonga. 58
Ubutshinitshini bako, nezinto zako ezibu-
ntshontsho, uzitwele, utsho UYEHOVA. 59
Ngokuba isitsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Sendiya kwenza ngakuwe, njengokuba
wenje njalo wena, osidelileyo isifungo,
ngokwapula ucebano. 60 Noko, ndiya ku-
kumbula ucebano lwami nawe emihleni
yobutsha bako, ndikuqinisele ucebano olu-
ngunapakade. 61 Wauya kukumbula in-
dhlela zako, udaniswe, nx̂a uya kwamkela
odade bako, abakulu bako nabancinane
bako; ndandiya kubanika kuwe babe zin-
tombi *zako*,—kungengalo ucebano lwako
kodwa. 62 Ngokuba ndiya kumisa uce-
bano lwami nawe, wauya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA: 63 ukuze ukumbule,
udane, ungabi sabuya uvule umlomo wako
ngennxa yehlazo lako, ndakuxolela konke
ukwenzileyo, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

17 LAZA ilizwi LIKAYEHOVA leza kumi,
lisiti: 2 Nyana woluntu! kupa isi-
ntsonkotelo, utete umzekeliso kwindhlu
ka-Sirayeli, 3 uti: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti:
Ukozi olukulu, olumapiko makulu, olu-
ntsiba zinde, oluboya buzele, olunamabala
ngamabala, lweza e-Lebanone, lwatabata
isebe lapezulu lesedare. 4 Inncame yezi-
hlumelo zayo lwayiqaula, lwaza lwayizisa
elizweni lokuqweba; esixekweni sabatengi
lwayibeka. 5 Lwatabata kanjalo kwim-
bewu yelizwe, lwayityala entsimini efa-
neleyo; lwayitabata ngasemanzini amani-
nzi, lwayibeka *njengo*mnculuba. 6 Yaza
yahluma, yaba ngumti weveyine otwabu-
lukayo, obude buncinane, omasebe abeka
ngakulo, nongcambo zapantsi kwalo: yaba
ngumti weveyine ke, yavelisa amagatya,
yanabisa intswazi.
7 Lwaye luko nolunye ukozi olukulu,
lunamapiko amakulu, lunoboya obuninzi:
kekaloku bona ke, lomti weveyine watobela
ingcambo zawo ngakulo, namasebe awo
wawanabisela kulo, ukuba luwunyele
ezindimeni zesityalwa sawo. 8 Emhlabeni
olungileyo, ngasemanzini amaninzi, watya-
lwa wona, ukuba uvelise amasebe, nokuba
uhlanze iziqamo, ukuze ube ngumti weve-



University of Fort Hare

yine omkulu. 9 Yiti: Itsho INKOSI ENGU-
YEHOVA ukuti: Uya kulunga na? Ingca-
mbo zawo aluyi kuzinyotula na, neziqamo
zawo aluyi kuzinqumla, ukuba ubune ke?
Onke amagqabi okuhluma kwawo aya ku-
buna, nakubeni kungeko amandhla ama-
kulu, nabantu abaninzi, ukuba udonyulwe
ngengcambo zawo. 10 Kanjalo, bona ke,
utyelwe nje, uya kulunga na? awuyi ku-
gqibela kubuna na, nxa ummoya wasempu-
malanga uwubetayo? ezindimeni zokuhlu-
ma kwawo uya kubuna.
11 Lalekela ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
mi, lisiti: 12 Yiti ke kwindhlu enenkani:
Anizazi na ezizinto ukuba zinina? Yiti:
Bona ke, ukumkani we-Babilone weza e-
Yerusaleme, watabata ukumkani wayo,
nenkosana zayo, wabazisa naye e-Babilone.
13 Watabata kanjalo owenzalo yokumkani,
walwenza ucebano naye, wamngenisa esi-
fungweni; nabakulu belizwe ubasusile;
14 ukuba ubukumkani bube sekutotyweni,
bungazipakamisi, ukuba bugcine ucebano
lwake, bume kulo. 15 Kodwa wavukela
ngakuye, ngokutuma izigidimi zake ukuya
e-Jipete, ukuba bamnike amahashe nabantu
abaninzi. Uya kutamsanqeleka na? uya
kusinda na okwenzayo oku? kanene uya
kwapula ucebano, asinde na? 16 Ndihleli
nje, itsho INKOSI ENGUYEHOVA, ngennyaniso
endaweni yokumkani lowo obemenza yena
ukumkani, osifungo wasidelayo, nocebano
walwapulayo, kwa kuye pakati kwe-Babi-
lone uya kububa! 17 Kanjako u-Faro,
ngamandhla amakulu nangemihlambi emi-
ninzi, akayi kumenzelela emfazweni, nxa
kuposelwa indulana, nanxa kwakiwa in-
nqaba zokulinda, ukunqamla imipefumlo
emininzi. 18 Ngokuba ebesidela isifungo
ngokwapula ucebano, nakuba, bona ke,
wanika isandhla sake, nazo zonke ezizinto
wazenza, akayi kusinda. 19 Ngako oko,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ndihleli
nje mina, ngennyaniso isifungo sami aside-
lileyo, nocebano lwami alwapulileyo, ndiya
kubuyekeza oko pezu kwenkloko yake!
20 Notambo lwami ndolwaneka pezu kwa-
ke, aze abanjiswe emgibeni wami; nda-
ndiya kumzisa e-Babilone, ndimbuze kona
ubumenemene bako abenzileyo ngakumi.
21 Nabo bonke abasabileyo bake, kunye
nawo onke amabandhla ake, baya kuwa
ngerele; nabo baseleyo bopangalaliselwa
kuyo yonke imimoya; naniya kukwazi
okokuba mina 'YEHOVA nditetile.
22 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Nami
ndiya kutabata kwisebe lapezulu lesedare
ende, ndibeke; kwa seuncameni yezihlu-
melo zayo ndiya kuqaula eso sitambileyo,
ndisityale pezu kwentaba ende epakami-
leyo. 23 Pezu kwentaba ende yakwa-
Sirayeli ndosityala; esiya kuvelisa ama-
sebe, sihlanze iziqamo, sibe yisedare enku-
lu; zaziya kuhlala ngapantsi kwaso zonke
intaka zamapiko onke; emtunzini wama-
gatya aso ziya kuhlala. 24 Yandule ikwazi
yonke imiti yezindhle, okokuba mina 'YE-
HOVA ndiwutobisile umti omde, ndiwupa-
kamisile umti ototyiweyo, ndiwomisile
umti oluhlaza, nomti owomileyo ndiwucu-
misile: mina 'YEHOVA nditetile, ndandiya
kwenza.

18 LABUYA ilizwi LIKAYEHOVA leza
kumi, lisiti:
2 Niti nina, ukuba nizekelisa pezu kwe-
lizwe lakwa-Sirayeli ngalomzekeliso wo-
kuti: Oyise bazityile idreyive ezimuncu,
nabantwana amazinyo abo atelezisiwe? 3
Ndihleli nje mina, itsho INKOSI ENGUYE-
HOVA, anisayi kuba nisazekelisa ngalomze-
keliso kwa-Sirayeli! 4 Bona ke, yonke
imipefumlo yeyami; njengompefumlo wo-
yise, kwa njalo umpefumlo wonyana ungo-
wami; umpefumlo owonayo wona uya
kufa.
5 Ngako umntu nxa alungile, esenza
okufanelekileyo nokulungileyo; 6 enga-
dhlanga pezu kwentaba, namehlo ake aka-
wapakamiselanga kwizitixwana zendhlu
ka-Sirayeli, nomfazi wommelwane wako
akamncolisanga, nenkazana esesifeni sayo
akasondelanga kuyo; 7 engabandezelanga
'mntu, isibanjiselwa sake setyala usibuyi-
sile, impango akayipanganga, isonka sake
usinikile kolambileyo, nohamba zé uma-
mbesile ngengubo; 8 engabolekanga ngen-
nxa yenzuzo enkulu, nokwanda okuninzi
akakutabatanga, isandhla sake usinqandile
ebumenemeneni, ubugwebo obuyinnyaniso
ubenzile pakati kwomnye nomnye; 9 oha-
mbile emimisweni yami, nezigwebo zami
uzigcinile, ukwenza ngennene: ulungile
yena, uya kubudhla ubomi ngennyaniso,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
10 Ukuba uzele unyana, olinyangaza,
opalaza igazi, owenza okufana nennye kwe-
zizinto, 11 nazo zonke eziya akazenzi, koko
adhlile pezu kwentaba, nomfazi womme-
lwane wake umncolisile, 12 ihlwempu no-



University of Fort Hare

sweleyo ubabandezele, impango uyipangile,
isibanjiselwa akasibuyisanga, namehlo ake
uwapakamisele kwizitixwana, into ebu-
ntshontsho uyenzile, 13 ubolekile ngennxa
yenzuzo enkulu, nokwanda okuninzi uwu-
tabatile; uya kudhla ubomi ke na? akayi
kudhla ubomi: zonke ezizinto ezibuntsho-
ntsho uzenzile; uya kufa ngennyaniso;
igazi lake loba pezu kwake.

14 Ukuba, bona ke, uzele unyana, ozi-
bonayo zonke izono zoyise, ezo azenzileyo;
oti akubona, angenzi njengazo; 15 *o*nga-
dhlanga pezu kwentaba, namehlo ake aka-
wapakamiselanga kwizitixwana zendhlu
ka-Sirayeli, nomfazi wommelwane wake
akamncolisanga; 16 ongabandezelanga
'mntu, isibambiso akasamkelanga, impango
akayipanganga, isonka sake usinikile kola-
mbileyo, nohamba zé umambesile ngengu-
bo; 17 *o*buyisile isandhla sake kolihlwe-
mpu, inzuzo enkulu nokwanda okuninzi
akakutabatanga, izigwebo zami uzenzile,
*na*semimisweni yami uhambile; lowo
akayi kufa ngennxa yenkohlakalo yoyise;
uya kudhla ubomi ngennyaniso. 18 Uyise,
ngokokuba wabandezela ngobukali, wa-
panga umzalwana *wake* ngobudhlwengu,
nokungalungileyo wakwenza pakati kwa-
bantu bake, yena, bona ke, uya kufa ngen-
kohlakalo yake.

19 Noko niti: Yinina? unyana akatwali
ityala loyise na? Nxa unyana enzile oku-
fanelekileyo nokulungileyo, yonke imimiso
yami uyigcinile, wayenza nokuyenza, uya
kudhla ubomi ngennyaniso. 20 Umpefu-
mlo owonayo wona uya kufa: unyana a-
kayi kutwala ityala loyise, kanjalo uyise
akayi kutwala ityala lonyana; ukulunga
kwolungileyo kwoba pezu kwake, noku-
kohlakala kwokohlakeleyo kwoba pezu
kwake. 21 Kodwa okohlakeleyo nxa agu-
qukayo kuzo zonke izono zake azenzileyo,
ayigcine yonke imimiso yami, akwenze
okufanelekileyo nokulungileyo, uya ku-
dhla ubomi ngennyaniso, akayi kufa. 22
Zonke izigqito zake azenzileyo, aziyi kum-
kunjulelwa: ngokulunga kwake akwenzi-
leyo uya kudhla ubomi. 23 Ndika ndita-
nde na ukufa kwokohlakeleyo? itsho INKOSI
ENGUYEHOVA; andi*tandi* na ukuba aguquke
endhleleni yake, adhle ubomi? 24 Kodwa
olungileyo akuguquka ekulungeni kwake,
enze ubumenemene, esenza ngazo zonke
izinto ezibuntshontsho azenzayo okohlake-
leyo, woka adhle ubomi na? Konke uku-
lunga kwake akwenzileyo akuyi kukunju-
lwa; ngesigqito sake agqitileyo ngaso, na-
ngesono sake onileyo ngaso, kwa ngazo
uya kufa. 25 Noko niti: Indhlela YEN-
KOSI ayilungelelene. Yivani ke, ndhlu
ka-Sirayeli! indhlela yami asi yiyo elu-
ngeleleneyo na? indhlela zenu asi zizo
ezingalungeleleneyo na? 26 Olungileyo
akuguquka ekulungeni kwake, enze ubu-
menemene, ade afele kona; ngobumene-
mene bake abenzileyo uya kufa. 27 No-
kohlakeleyo akuguquka ekukohlakaleni
kwake akwenzileyo, enze okufanelekileyo
nokulungileyo, yena uya kulondoloza um-
pefumlo wake ebomini. 28 Ukuba uya
kugqala, aguquke kuzo zonke izigqito zake
azenzileyo, uya kudhla ubomi ngennya-
niso, akayi kufa. 29 Noko, iti indhlu ka-
Sirayeli: Indhlela YENKOSI ayilungelelene.
Indhlela zami asi zizo ezilungeleleneyo na,
ndhlu ka-Sirayeli? indhlela zenu asi zizo
ezingalungeleleneyo na? 30 Ngako oko
ndiya kunigweba, ndhlu ka-Sirayeli! aba-
nye ngabanye njengendhlelá zabo, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA.

Guqukani, niziguqule kuzo zonke izi-
gqito zenu, ize inkohlakalo ingabi sisikù-
bekiso kuni. 31 Lahlani kuni zonke izi-
gqito zenu, enigqitileyo ngazo; nize nize-
nzele inkliziyo entsha nommoya omtsha:
ngokuba kunganina ukuba niya kufa,
ndhlu ka-Sirayeli? 32 Ngokuba ndinga-
kutandi ukufa kwalowo ufayo, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA: ngako ziguquleni, ni-
budhle ubomi.

19 KANJAKO wena hlabelela inkosana
zakwa-Sirayeli isililo, 2 uti:

Ebeyinto nina unyoko? Ebeyingonya-
makazi; pakati kwengonyama yalala pa-
ntsi, pakati kwengonyamana yawondhla
amatole ayo. 3 Yada yakulisa elinye
kwamatole ayo; laba yingonyamana, lafu-
nda ukubamba into yokuqwengwa; abantu
labadhla. 4 Zaza izizwe zeva ngalo; esi-
hogweni sazo labanjiswa; zaza zalizisa
ngemixokolelwane elizweni le-Jipete. 5
Yati yakubona ukuba ibilindile, *nokuba*
itemba layo libubile, yandula yatabata
elinye kwamatole ayo, yalenza ingonya-
mana. 6 Laza lahambahamba pakati kwe-
ngonyama; laba yingonyamana; lafunda
ukubamba into yokuqwengwa; abantu la-
badhla. 7 Labazi abahlolokazi babo, ne-
zixeko zabo lazenza amanxuwa; laba 'bu-



University of Fort Hare

gxwayiba ilizwe, nokuzala kwalo, ngenklo-
koma yokukonya kwalo. 8 Zandula izizwe
zazibeka ngakulo ngokuti ngqonga zivela
emazwaneni, zalwaneka utambo lwazo pezu
kwalo; esihogweni sazo labanjiswa. 9
Zaza zalifaka esivalelweni ngemixokole-
lwane, zalizisa kukumkani we-Babilone;
zalizisa emanqabeni, ukuze ilizwi lalo
lingabuyi liviwe pezu kwentaba zakwa-
Sirayeli.
10 Unyoko wako ebenjengomti weve-
yine ekupumleni kwako, utyelwe ngase-
manzini; ube uqamile, wabuzele ngama-
sebe, ngennxa yamanzi amaninzi. 11 Wa-
bunazo intswazi ezinamandhla zibe zinto-
nga zabapata ubukosi; babude ubupakamo
bawo pezulu pakati kwamagatya abungqi-
ngqwa; wabonakala ebudeni bawo, ebu-
ninzini bamasebe awo. 12 Kodwa wa-
donyulwa ngoburalarume, watiwa kahla
emhlabeni, nommoya wasempumalanga
washwenyisa iziqamo zawo; zaye zapukile
intswazi zawo ezinamandhla, zabuna;
umlilo wazidhla. 13 Nakaloku utyelwe
enklango, ezweni elomileyo elinxaniweyo.
14 Sekupumile umlilo eluswazini lwama-
sebe awo; iziqamo zawo uzidhlile; aku-
seko kuwo uswazi olunamandhla, intonga
yokuba kupatwe ubukosi. Sisililo esi,
soba yinto yesililo kanjalo.

20 KWAYE kute ngomnyaka wesixenxe,
ngeyesihlanu *innyanga*, ngoweshumi
*umhla* wennyanga, kweza amadoda akubo
abadala bo-Sirayeli ukubuza KUYEHOVA,
ahlala pantsi ebusweni bami. 2 Laza ili-
zwi LIKAYEHOVA leza kumi, lisiti: 3 Nyana
woluntu! teta nabo abadala bo-Sirayeli,
uti kubo: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Nize ukubuza kumi na? Ndihleli nje
mina, andiyi kubuzelwa nini! itsho INKOSI
ENGUYEHOVA. 4 Akuyi kubagweba na,
akuyi kugweba na, nyana woluntu? Ba-
zise izinto ezibuntshontsho zoyise babo; 5
uti kubo: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Emhleni ndamnyulayo u-Sirayeli, nesa-
ndhla sami ndasipakamisela kwinzalo yen-
dhlu ka-Yakobi, nxa ndazazisa kubo eli-
zweni le-Jipete, nesandhla sami ndasipa-
kamisela kubo, ndisiti: Mina ndiNGUYE-
HOVA, UTIXO wenu; 6 kwa semhleni lowo
ndabapakamisela isandhla sami, ukuba
ndiya kubapumisa ezweni le-Jipete baye
ezweni endibe ndibahlolele, elela ubisi
nobusi, elibubuhle bamazwe onke; 7 nda-
za ndati kubo: Abanye ngabanye izinto
ezizondekileyo zamehlo abo zilahleni, na-
ngezitixwana zase-Jipete ningazincolisi:
mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wenu. 8 Kodwa
bavukela ngakumi, bengavumanga ukundi-
pulapula; abazilahla abanye ngabanye
izinto ezizondekileyo zamehlo abo, nezi-
tixwana zase-Jipete abazishiya. Ndandula
ndati: Ndiya kutulula uburalarume bami
pezu kwabo, nengqumbo yami ndoyigqiba
kubo pakati kwelizwe le-Jipete. 9 Koko
ndenzayo ngennxa yegama lami, ukuba
lingadyojwa emehlweni abaheyideni, aba-
bepakati kwabo, endazazisayo kubo pambi
kwamehlo abo, ngokubapumisa elizweni
le-Jipete.
10 Ndaza ndabapumisa elizweni le-
Jipete, ndabazisa enklango. 11 Ndabanika
izimiselo zami, nezigwebo zami ndazazisa
kubo, eziti ukuba umntu uyazenza, uya
kubudhla ubomi ngazo. 12 Kanjalo ne-
sabata zami ndazinika kubo, ukuba zibe
ngumqondiso pakati kwami nabo, ukuze
bakwazi okokuba mina ndiNGUYEHOVA oba-
ngcwalisayo. 13 Kodwa indhlu ka-Sirayeli
yavukela ngakumi enklango; abahamba
ngezimiselo zami, nezigwebo zami bazide-
la, eziti ukuba umntu uyazenza, uya ku-
budhla ubomi ngazo; nesabata zami bazi-
ncolisa kakulu; ndandula ndati: Ndiya
kutulula uburalarume bami pezu kwabo
enklango, ndize ndibagqibe. 14 Koko
ndenzayo ngennxa yegama lami, ukuba
lingadyojwa emehlweni abaheyideni,
endabapumisayo pambi kwamehlo abo.
15 Nakanjako ndabapakamisela isandhla
sami enklango, ukuba andiyi kubazisa eli-
zweni endandilinikile *kubo*, elela ubisi
nobusi, elibubuhle bamazwe onke; 16 ngen-
nxa yokuba bebedela izigwebo zami, ne-
zimiselo zami abahamba ngazo, nesabata
zami bazincolisa: ngokuba inkliziyo yabo
yahamba emva kwezitixwana zabo. 17 No-
ko, iliso lami belinosizi pezu kwabo, uku-
ba ndingabatshabalalisi; kanjako bendi-
ngabenzeli ukugqitywa enklango. 18 Nda-
ye ndisiti kubantwana babo enklango:
Ningahambi ngezimiselo zoyihlo benu,
nezigwebo zabo ningazigcini, nangezi-
tixwana zabo ningazincolisi. 19 Mina
'YEHOVA ndiNGUTIXO wenu; hambani
ngezimiselo zami, nigcine izigwebo zami,
nizenze: 20 nesabata zami nizenze
ngcwele, zize zibe ngumqondiso pakati
kwami nani, ukuba nikwazi okokuba



University of Fort Hare

mina 'YEHOVA ndiNGUTIXO wenu. 21 Kodwa
abantwana babo bavukela ngakumi; aba-
hamba ngezimiselo zami, nezigwebo zami
abazigcina ukuba bazenze, eziti ukuba
umntu uyazenza, uya kubudhla ubomi
ngazo; bazincolisa isabata zami; ndandula
ndati: Ndiya kutulula uburalarume bami
pezu kwabo, ukuze ndigqibe ingqumbo
yami kubo enklango. 22 Koko ndabuyisa
isandhla sami, ndenza ngennxa yegama
lami, ukuba lingadyojwa emehlweni aba-
heyideni, endabapumisayo pambi kwame-
hlo abo. 23 Kanjalo ndabapakamisela isa-
ndhla sami enklango, ukuba ndobati sa
pakati kwabaheyideni, nokuba ndobacita
pakati kwamazwe; 24 ngennxa yokuba
bebengenzanga izigwebo zami, koko bebe-
delile izimiselo zami, nesabata zami bebe-
zincolisile, namehlo abo wona ebelandele
izitixwana zoyise babo. 25 Ngako nami
ndabanika izimiselo ezingalungileyo, ne-
zigwebo abangayi kubudhla ubomi ngazo;
26 ndabancolisa ngezipo zabo, ekudhluli-
seni *emlilweni* konke kuzityulwa ngako,
ukuze ndibenze zé, bade bakwazi okoku-
ba mina ndiNGUYEHOVA.
27 Ngako oko teta kwindhlu ka-Sirayeli,
nyana woluntu! uti kubo: Itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Kanjako ngoku bandi-
gxekile oyihlo benu, ngokwenza ngobu-
menemene ngakumi kakulu. 28 Ngokuba
ndabazisa elizweni, endibe ndipakamisile
isandhla sami, ukuba ndiya kubapa lona;
baza babona zonke induli ezinde, nayo
yonke imiti ebungqingqwa, babingelela
kona imibingo yabo, banikela nakona ingca-
pukiso yomnikelo wabo, babeka nakona
ivumba elimnandi labo, batulula nakona
iminikelo yokusela yabo. 29 Ndandu-
la ndati kubo: Iyinina indawo epaka-
mileyo apo niya kona? Laye igama layo
libizwa ngokuti yi-Bama* kwada kwa-
namhla nje.
30 Ngako oko yiti kwindhlu ka-Sirayeli:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Nizinco-
lisile na ngesiko loyihlo benu? Nenza
umbulo na ngokulandela izinto zabo ezi-
zondekileyo? 31 Ngokuba ekunikeleni
izipo zenu, ekudhluliseni abantwana benu
emlilweni, nizincolisile ngazo zonke iziti-
xwana zenu kwada kwanamhla: sendiya
kubuzelwa nini na, ndhlu ka-Sirayeli?
Ndihleli nje mina, itsho INKOSI ENGUYEHOVA,
andiyi kubuzelwa nini! 32 Kanjalo oko
okuvukileyo emmoyeni wenu akuyi kuka
kubeko, oko ukuba niti: Siya kuba njenga-
baheyideni, njengezizalwane zamazwe,
ukukonza imiti namatye.
33 Ndihleli nje mina, itsho INKOSI ENGU-
YEHOVA, ngennyaniso, ngesandhla esomele-
leyo, nangengalo eyolulweyo, nangobura-
larume obutululweyo, ndiya kupata ubu-
kosi pezu kwenu! 34 Ndandiya kunipu-
misa ezizweni, ndinibute emazweni enitiwe
sa kuwo, ngesandhla esomeleleyo, nangen-
galo eyolulweyo, nangoburalarume obutu-
lulweyo. 35 Ndandiya kunizisa enklango
yezizwe, ndipike nani kona, ubuso ngaku-
bo ubuso. 36 Njengokuba bendipika no-
yihlo benu enklango yelizwe le-Jipete,
ndiya kupika njalo nani, itsho INKOSI ENGU-
YEHOVA. 37 Ndandiya kunidhlulisa nga-
pantsi kwentonga, ndiningenise kuyo imbo-
pelelo yocebano. 38 Nabangevayo ndo-
bahlula kuni, kwa nabo bagqita ngakumi:
ndobapumisa elizweni lokupambukela kwa-
bo, baye bengayi kungena emhlabeni
wakwa-Sirayeli: naniya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA. 39 Nani, ndhlu ka-
Sirayeli! itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Hambani, nikonze abanye ngabanye iziti-
xwana zabo, nasemva kwoku *kanjako*, uku-
ba aniyi kupulapula kumi; kodwa igama
lami ningabuyi nilidyobe ngezipo zenu,
nangezitixwana zenu. 40 Ngokuba en-
tabeni yami engcwele, entabeni ende
yakwa-Sirayeli, itsho INKOSI ENGUYEHOVA,
kwa kona yonke indhlu ka-Sirayeli,
bonke abayo elizweni, baya kundikonza;
kwa kona ndiya kubabuka, nakona ndiya
kubiza iminikelo yenu, nesandulelo sezi-
tabataba zenu, kunye nazo zonke izinto
zenu ezingcwele. 41 Ngevumba elimna-
ndi yenu ndonibuka, ndakunipumisa ezi-
zweni, ndinibute emazweni enitiwe sa
kuwo; ndandiya kungcwaliswa pakati
kwenu pambi kwamehlo abaheyideni.
42 Naniya kukwazi okokuba mina ndi-
NGUYEHOVA, ndakuningenisa emhlabeni
wakwa-Sirayeli, elizweni endapakamisa isa-
ndhla sami, ukuba ndiya kunika lona koyi-
hlo benu. 43 Nakona niya kukumbula
indhlela zenu, nazo zonke izenzo zenu,
enincolisiwe ngazo; naniya kuzidela ngo-
kwenu ngennxa yazo zonke izikohlakalo
zenu enizenzileyo. 44 Naniya kukwazi
okokuba mina ndiNGUYEHOVA, ndakuba ndi-
nenzele ngennxa yegama lami, kungenje-

* *Oko kukuti:* Indawo epakamileyo.



University of Fort Hare

ngendhlela zenu ezikohlakeleyo, nanjenge-
zenzo zenu ezonakeleyo, ndhlu ka-Sirayeli!
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

45 KANJAKO ilizwi LIKAYEHOVA leza
kumi, lisiti: 46 Nyana woluntu! beka
ubuso bako ngasendhleleni yasesuyide,
ukupe ilizwi ngasesuyide, uprofiteshe nga-
sehlatini lezindhle zasesuyide; 47 uti kulo
ihlati lasesuyide: Yiva ilizwi LIKAYEHOVA:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke,
ndiya kupemba umlilo kuwe, oya kudhla
kuwe yonke imiti eluhlaza, nayo yonke
imiti eyomileyo; ilangatye elidangazelayo
aliyi kucinywa, babuya kuraulwa ngalo
bonke ubuso kwa sesuyide kude kube
senode. 48 Lwaye uluntu lwonke luya
kubona ukuba mina 'YEHOVA ndilipembile;
aliyi kucinywa. 49 Ndaza ndati: Au,
NKOSI 'YEHOVA! bati ngami: Akateti nge-
mizekeliso na yena?

21 Landula ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
mi, lisiti: 2 Nyana woluntu! beka
ubuso bako ngakuyo i-Yerusaleme, ukupe
ilizwi ngakuzo indawo ezingcwele, upro-
fiteshe ngakulo ilizwe lakwa-Sirayeli;
3 uti kulo ilizwe lakwa-Sirayeli: Utsho
UYEHOVA ukuti: Bona ke, ndingakuwe,
ndandiya kurola irele lami esinxobeni salo,
ndinqamle kuwe olungileyo nokohlakeleyo.
4 Ngokokuba ndiya kunqamla kuwe olu-
ngileyo nokohlakeleyo, ngako oko irele
lami liya kupuma esinxobeni salo ngakulo
lwonke uluntu kwa sesuyide kude kube
senode: 5 luze uluntu lwonke lwazi ukuba
mina 'YEHOVA ndilirolile irele lami esinxo-
beni salo; elingayi kubuya kanjako. 6
Nawe, nyana woluntu! gula; ngokwapuka
kwesinqe nangoburara uya kugula pambi
kwamehlo abo. 7 Kwakuya kuti, nxa
bati kuwe: Uyagulela nina? wandule uti:
Ngennxa yendaba; ngokuba isiza; zaziya
kunyibilika zonke inkliziyo, zipolelwe
zonke izandhla, icubuke yonke imipefumlo,
ahambe *njenga*manzi onke amadolo: bona
ke, iyeza, yaiya kwenzwa, itsho INKOSI
ENGUYEHOVA.
8 Lalekela ilizwi LIKAYEHOVA leza kumi,
lisiti: 9 Nyana woluntu! profitesha, uti:
Utsho UYEHOVA ukuti: Yiti: Irele, irele
liloliwe, ligudisiwe kanjalo. 10 Liloliwe,
ukuze lisenze isibulalo; ligudisiwe, ukuze
libe nokubengezela: ngesigcoba na? liyin-
tonga yonyana wami, elidela imiti yonke.
11 Linikiwe ukugudiswa, ukuba lipatwe
ngesandhla; lirele eliloliweyo, eligudisi-
weyo, ukuba linikwe esandhleni sombulali.
12 Kala ulile, nyana woluntu! ngokuba
lona liya kuba pezu kwabantu bami, loba
pezu kwazo zonke inkosana zakwa-Sira-
yeli; zilahlelwe ereleni kunye nabantu
bami; ngako oko tywakaza etangeni. 13
Ngokuba kusenzwa ukulinga; kwoti nina
ke ukuba liyadela intonga nayo? ayiyi
kubako, itsho INKOSI ENGUYEHOVA. 14
Ngako wena, nyana woluntu! profitesha,
ubete isandhla ngakuso isandhla; malipi-
ndwe irele ngokwesitatu, irele labahlatyi-
weyo; lirele lokuhlatywa okukulu eliba-
vingcelayo. 15 Ukuze icubuke inkliziyo,
nokuba kwandiswe iziwiso, ndimisile uku-
vivinywa kwerele ngakuwo onke amasa-
ngo abo: au! lenziwe ukuti benge, liro-
liwe ukubulala. 16 Zibute ngasekunene,
zibeke ngasekohlo, apo busukuba bumise-
lwa kona ubuso bako. 17 Kwa nami ndiya
kubeta izandhla zami esinye ngakuso
esinye, noburalarume bami ndobupumza:
mina 'YEHOVA nditetile.
18 Labuya leza kumi ilizwi LIKAYEHOVA,
lisiti: 19 Kanjalo wena, nyana woluntu!
zimisele indhlela zibe mbini, ukuba kuze
irele lokumkani we-Babilone; ziya kupu-
ma zombini elizweni linye; uze wenze
isalato; enkloko yendhlela yesixeko usenze.
20 Misela indhlela, ukuba irele lize e-Raba
yosapo luka-Hamoni, nako-Juda e-Yerusa-
leme enqatyisiweyo. 21 Ngokuba uku-
mkani we-Babilone eya kuma ekwahlukeni
kwendhlela, enkloko yendhlela zombini,
ukwenza ukulaula; wohluguhla intolo,
wobuza ngeterafi, wobenca isibindi. 22
Kwesokunene isandhla sake kwobako
isilaulelo se-Yerusaleme, ukubeka izici-
telo, ukuvula umlomo ngokubulala, uku-
pakamisa ilizwi ngokumemeza, ukubeka
izicitelo ngakuwo amasango, ukuposela
indulana, ukwaka innqaba yokulinda. 23
Sasiya kuba njengesilaulo esingendawo
kubo emehlweni abo, abafungileyo ngezi-
fungo kubo; kodwa uya kukumbula inko-
hlakalo, ukuba babanjwe. 24 Ngako oko
itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ngennxa
yokuba niyenze inkohlakalo yenu ikunju-
lwe, ngokutyilwa kwezigqito zenu, ukubo-
nakalisa izono zenu kuzo zonke izenzo
zenu; ngennxa yokukunjulwa kwenu, niya
kubanjwa ngesandhla.
25 Nawe, ungengcwele, nkosi ekohlake-
leyo yo-Sirayeli! emmini iya kuza ngexe-



University of Fort Hare

sha lenkohlakalo yesipelo; 26 itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Makususwe umkontsho,
makutulwe nekrone; oku akuyi kuba
koku; okutotyiweyo kuya kupakanyiswa,
nokupakamileyo kuya kutotywa. 27 Uku-
penuka, ukupenuka, ukupenuka, ndiya
kukwenza; nako oku akuyi kubako, ade
afike lowo igunya lilelake, ndandiya kuli-
nika *kuye*.

28 Nawe, nyana woluntu! profitesha
uti: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA, ngalo usapo
luka-Hamoni, nangaso isigxeko salo, utsho
ke wena, ukuti: Irele, irele liroliwe; li-
gudiselwe isibulalo, ligqibe, ukuze libe-
ngezele; 29 nxa bakubonela okungendawo,
nxa bakulaulela ulwimi, ukuba bakubeke
pezu kwentamo zabakohlakeleyo abahla-
tyiweyo, abammini ifikile, ngexesha lenko-
hlakalo yesipelo. 30 Lobuyiselwa esinxo-
beni salo na? endaweni apo ubudalwa
kona, elizweni lokuzalwa kwako, ndoku-
gweba. 31 Ndandiya kutulula pezu kwako
ukurala kwami; ngomlilo womsindo wami
ndiya kuvutela ngakuwe, ndikunikele esa-
ndhleni samadoda abubovubovu, innciibi
zokutshabalalisa. 32 Woba kukudhla em-
lilweni; igazi lako loba pakati kwelizwe;
akusayi kukunjulwa; ngokuba mina 'YE-
HOVA nditetile.

22 LEZA kanjako ilizwi LIKAYEHOVA
kumi, lisiti: 2 Nawe, nyana woluntu!
uya kugweba na, uya kugweba isixeko sa-
magazi na? ewe, uya kusazisa zonke izinto
ezibuntshontsho zaso. 3 Wauya kuti:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Isixeko
siyapalaza igazi pakati kwaso, ukuba lifike
ixesha laso; sizenzele izitixwana, ukuba
sincolelwe. 4 Ngegazi lako ulipalazileyo
uzuzile ityala, nangezitixwana zako uze-
nzileyo uncolisiwe; kukona imihla yako
uyisondezile, neminyaka yako uyifikele:
ngako oko ndikwenzile isigxekwa kubahe-
yideni, nesigculelwa kuwo onke amazwe.
5 Lawo akufupi, nalawo akude kuwe, oku-
gculela, *esiti:* Wena uncolileyo ngegama,
ozele yimpitimpiti!
6 Bona ke, inkosi zakwa-Sirayeli, ezin-
nye ngezinnye njengamandhla azo, zibe
zikuwe, ukuze zipalaze igazi. 7 Uyise
nonina babatyeshele kuwe; owasemzini
bambandezele pakati kwako; inkedama
nomhlolokazi babapete kakubi kuwe. 8
Izinto zami ezingcwele uzidelile, nesabata
zami uzincolisile. 9 Abahlebi bebeko ku-
we, ukuze bapalaze igazi; napezu kwen-
taba badhlile kuwe; ubutshinitshini ba-
benzile pakati kwako. 10 Ubuzé boyise
babutyilile kuwe; oncolileyo ngomzi bam-
tobisile kuwe. 11 Omnye wenzile into
ebuntshontsho nomfazi wommelwane wake;
nomnye uncolisile umolokazana wake
ngento ebutshinitshini; nomnye umtobisile
udade wake, intombi yoyise, kuwe. 12
Amabaso bawatabatile kuwe, ukuze bapa-
laze igazi; inzuzo enkulu nokwanda oku-
kulu ukutabatile, nommelwane wako um-
pangile ngobandezelo; nami undilibele,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
13 Ngako, bona ke, ndibetile isandhla
sami, pezu kwokupanga kwako okwenzile-
yo, napezu kwegazi lako elipakati kwako.
14 Inkliziyo yako iya kunyamezela na,
izandhla zako ziya kwomelela na, emihleni
endiya kwenza nawe ngayo? mina 'YEHOVA
nditetile, ndiya kwenza kanjalo. 15 Nda-
ndiya kukuti sa pakati kwabaheyideni,
ndikucite pakati kwamazwe, ndipelise
ukuncola kwako kuwe. 16 Woda uncole-
lwe ngokwako emehlweni abaheyideni;
wauya kukwazi okokuba mina ndiNGUYE
HOVA.
17 Laye ilizwi LIKAYEHOVA lisiza kumi,
lisiti: 18 Nyana woluntu! indhlu ka-
Sirayeli iba ligwebu kumi; bonke abayo
balubedu, netine, nesincete, nelode, pakati
kwesidhlangalala; bangamagwebu esili-
vere. 19 Ngako oko itsho INKOSI ENGUYE-
HOVA ukuti: Ngennxa yokuba niba ngama-
gwebu nina nonke, ngako oko, bona ke,
ndiya kunibutela pakati kwe-Yerusaleme.
20 *Njengokuba* isilivere, nobedu, nesincete,
nelode, netine, zibutelwe pakati kwesidhla-
ngalala, ukuba kuvutelwe umlilo pezu
kwazo, zinyibilike; kwa njalo ndiya ku-
buta ngengqumbo yami nangoburalarume
bami, ndiyeke, ndinyibilikise nina: 21
ewe, ndonihlanganisa, ndivutele pezu
kwenu emlilweni womsindo wami, naniya
kunyibilikiswa pakati kwawo. 22 Nje-
ngokuba isilivere inyibilikiswa pakati
kwesidhlangalala, kwa njalo niya kunyibi-
likiswa pakati kwawo; naniya kukwazi
okokuba mina 'YEHOVA nditulule uburala-
rume bami pezu kwenu.
23 Labuya leza kumi ilizwi LIKAYEHOVA,
lisiti: 24 Nyana woluntu! yiti kulo:
Wena ulilizwe elingahlanjululwanga, ne-
linganiselwa 'mvula emhleni wokurala.
25 Kuko ingcebiswano yabaprofite balo



...sity of Fort Hare

pakati kwalo, njengengonyama ekonyayo
iqwenga okubanjiweyo; badhlile imipefu-
mlo; indyebo nezinto ezinqabileyo bazita-
batile; abahlolokazi balo babandisile pa-
kati kwalo. 26 Abaperisite balo bapete
umteto wami ngobudhlwengu, nezinto
zami ezingcwele bazincolisile; abenzanga
isahlulo pakati kwokungcwele nokunge-
ngcwele, abazisanga napakati kwokuncoli-
leyo nokucocekileyo; namehlo abo bawa-
fihlile kuzo isabata zami, ndaye ndincole-
lwa pakati kwabo. 27 Inkosana zalo
pakati kwalo zinjengenncuka ziqwenga
okubanjiweyo, ukupalaza igazi, ukububisa
imipefumlo, ukuze bazuze inzuzo ekohla-
keleyo. 28 Abaprofite balo babaqabele
ngekalike, bebona okungendawo, bebalau-
lela ulwimi, besiti: Itsho INKOSI ENGUYE-
HOVA; nxa UYEHOVA angatetanga. 29
Abantu belizwe benze ngokubandezela,
balwenzile ulubò, bapete kakubi ihlwe-
mpu nosweleyo, nowasemzini bambande-
zele kungeko 'bugwebo. 30 Ndaza nda-
funa pakati kwabo indoda eya kulwaka
udonga, ime esirotyeni pambi kwami ngen-
nxa yelizwe, ukuba ndingalitshabalalisi;
kodwa andifumananga nannye. 31 Ngako
nditulule ukurala kwami pezu kwabo;
ngomlilo womsindo wami ndibagqibile;
indhlela yabo ndiyibuyekezile pezu kwen-
kloko yabo, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

23 LALEKELA ilizwi LIKAYEHOVA leza
kumi, lisiti: 2 Nyana woluntu!
bekuko abafazi ababini, intombi zonina
emnye. 3 Baye besenza umbulo e-Jipete;
ebutsheni babo bawenza umbulo: kwa lapo
ancinezelwa amabele abo, nalapo kwaco-
fwa imibele yobuntombi babo. 4 Nama-
gama abo, ngu-Ahola omkulu, no-Aholiba
udade wake; baba ngabami, bazala onyana
nentombi: namagama abo, i-Samariya
ngu-Ahola, ne-Yerusaleme ngu-Aholiba.
5 Waza u-Ahola wenza umbulo, nxa
apantsi kwami; wakanukela abatandi bake,
ama-Asiriya abamelwane *bake*; 6 bevati-
siwe ngezulura, inkosi nenkosana, benga-
madodana anqwenelekayo bonke, abakweli
bekwela emahasheni. 7 Wayekupa imi-
bulo yake pezu kwabo, bonke bengonyana
abadhlulisileyo base-Asiriya; nangabo bo-
nke wabakanukelayo, ngazo zonke iziti-
xwana zabo wazincolisa. 8 Nemibulo yake
ivela kuma-Jipete akayishiya; ngokuba
ebutsheni bake ebelele naye, acofa imibele
yobuntombi bake, agalela umbulo wawo
pezu kwake. 9 Ngako oko ndamnikela
esandhleni sabatandi bake, esandhleni so-
nyana base-Asiriya, abo wabakanukelayo.
10 Aba batyila ubuzé bake; batabata
onyana bake nentombi zake, naye yena
bambulala ngerele; waza waba ligama
pakati kwabafazi, nxa babeyenzile imi-
gwebo pezu kwake.

11 Wati udade wake u-Aholiba, akubona
*oku*, wonakalisa ukukanuka kwake ngapezu
kwake, nemibulo yake ngapezu kwemibulo
yodade wake. 12 Wakanukela onyana
base-Asiriya, inkosi nenkosana, abamelwa-
ne *bake*, bevatisiwe ngento enkle kunene,
abakweli bekwela emahasheni, bengamado-
dana anqwenelekayo bonke. 13 Ndaza
ndabona ukuba uncolisiwe; bebenendhlela
innye bobabini. 14 Ewe wayandisa imi-
bulo yake; wati akubona amadoda ebà-
liwe pezu kwodonga, imifanekiso yama-
Kaledine ibàliwe ngeqabo elibomvu, 15
ebinqiwe ngemibinqo ezinqeni zawo,
enenkontsho ezilengalengayo pezu kwen-
kloko zawo, eyimiduna ukubonakala kwawo
onke, njengabo onyana base-Babilone,
abase-Kaledine ilizwe lokuzalwa kwawo,
16 wandula wawakanukela ngokubona
kwamehlo ake, watuma izigidimi kuwo e-
Kaledine. 17 Baye onyana base-Babilone
besiza kuye esililini sotando, bamncolisa
ngombulo wabo; wancoliswa ngabo, wada
umpefumlo wake waqipukelana nabo. 18
Wayityila imibulo yake, wabutyila nobuzé
bake; wandula umpefumlo wami waqipu-
kelana naye, njengokuba umpefumlo wami
u[illegible]qipukelene nodade wake. 19 Koko
wayandisa imibulo yake, ngokukumbula
imihla yobutsha bake, okuya abesenza
umbulo elizweni lama-Jipete. 20 Ngo-
kuba ebekanukela izitandwa zawo, ezi-
nnyama i*njenge*nnyama yamaqwarashe, ne-
zigqita li*njenge*gqita lamahashe. 21 Kwa
njalo wabuya wakumbula ngobutshini-
tshini bobutsha bako, nxa abase-Jipete
bacofa imibele yako, ngennxa yamabele
obutsha bako.

22 Ngako oko, Aholiba! itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya kuvusa
abatandi bako ngakuwe, abo umpefumlo
wako uqipukelene nabo, ndandiya kubazisa
pezu kwako ngokuti ngqonga: 23 onyana
base-Babilone, nawo onke ama-Kaledine,
o-Pekodi, no-Shoha, no-Koha, bonke onyana
base-Asiriya benabo; bengamadodana



University of Fort Hare

anqwenelekayo bonke, inkosi nenkosana,
imiduna nabadumileyo, bekwele emaha-
sheni bonke. 24 Babeya kuza ngakuwe
ngennqwelwana, *na*ngennqwelo, nangen-
gqengqeleko, nangomhlambi wezizwe;
ikaka, nekakana, nomnqwazi, bozimisa
ngakuwe ngento engqongayo; ndiya ku-
beka ubugwebo ebusweni babo, babeya
kukugweba ngemigwebo yabo. 25 Ndiya
kubeka ikwele lami ngakuwe, babeya ku-
kupata ngoburalarume; impumlo yako
nendhlebe zako bozisusa; nabokupela bako
baya kuwa ngerele; onyana bako nentombi
zako bobatabata, nabokupela bako baya
kudhliwa ngomlilo. 26 Kanjalo baya ku-
kuhluba izivato zako, batabate izihombo
zako ezinkle. 27 Ndandiya kupelisa ubu-
tshinitshini bako kuwe, nombulo wako
uvela elizweni lama-Jipete; ude ungapa-
kamisi amehlo ako ngakuwo, ne-Jipete
ungabuyi uyikumbule. 28 Ngokuba isi-
tsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke,
ndiya kukunikela esandhleni sabo ubati-
yayo, esandhleni sabo umpefumlo wako
uqipukelene nabo: 29 abaya kukupata
ngotiyo, batabate yonke inzuzo yako, ba-
kushiye uzé uhlubulukile; babuya kutyi-
lwa ubuzé bemibulo yako, nobutshinitshini
bako, nemibulo yako. 30 Ndiya kuzenza
ezi*zinto* kuwe, ngokuba urexezele emva
kwabaheyideni, ngennxa yokuba uncoli-
siwe ngezitixwana zabo. 31 Endhleleni
yodade wako uhambile; ngako ndiya ku-
nikela indebe yake esandhleni sako. 32
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Uya kusela
kwindebe yodade wako, eyenzulu nebanzi;
woba yinto yokuhlekwa neyokugculelwa;
iyabamba into enninzi. 33 Uya kuzaliswa
kukunxila nosizi; yindebe yentshabalalo
nengcitakalo indebe yodade wako i-Sama-
riya. 34 Uya kusela kuyo uyifunxe, na-
macepe ayo uya kuwanqaba, namabele ako
wowanyotula: ngokuba nditetile mina,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA. 35 Ngako oko
itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ngokokuba
ulibele mina, nokuba undilahlile emva
kwomhlana wako, ngako nawe twala ubu-
tshinitshini bako nemibulo yako.
36 Wayesiti UYEHOVA kumi: Nyana wo-
luntu! uya kugweba na u-Ahola no-Aho-
liba? Ewe, zixele kubo izinto zabo ezi-
buntshontsho. 37 Ngokuba berexezile,
kuko igazi ezandhleni zabo, barexezile ne-
zitixwana zabo, nabantwana babo, abo
bandizalela bona, babadhlulisele kuzo *emli-*
*lweni* babe kukudhla. 38 Kanjako oku
bakwenzile kumi: bancolisile indawo yami
engcwele kwa ngalommini, nesabata zami
bazidyobile. 39 Ngokuba xeshekweni
bebebabulalele izitixwana zabo abantwana
babo, bandula bangena endaweni yami
engcwele kwa ngalommini ukuyidyoba;
ewe, bona ke, benje njalo pakati kwendhlu
yami. 40 Nakanjako, batumela amadoda
avela kwa kude, ekwatunywa kuwo isigi-
dimi; ewe, bona ke, eza; owabusiti ngen-
nxa yawo, wazihlamba, waqaba amehlo
ako, wazihomba ngezihombo, 41 wahlala
pezu kwomandhlalo obungcwalisa, uneta-
file elungisiweyo pambi kwawo, owabube-
kile isiqumiso sami neoli yami pezu kwayo.
42 Kwaye kuko naye inklokoma yesihlwelo
esingenakukatala; nakunye namadoda e-
vela ebuninzini babantu kwaziswa ama-
Seba avela enklango; abefaka izacolo eza-
ndhleni zabo, nezitsaba ezihle pezu kwen-
kloko zabo. 43 Ndaza ndati ngalowo
owalupeleyo yimirexezo: Oti ke na kaloku
enze imibulo yake? naye na? 44 Koko
bekungenwa kuye, njengokuba kungenwa
emfazini engumpinyiswa: enje njalo uku-
ngena ku-Ahola naku-Aholiba, abafazi
ababutshinitshini. 45 Kodwa amadoda
alungileyo wona aya kubagweba ngoku-
gwetywa kwabarexezikazi, nangokugwe-
tywa kwabo abapalaza igazi; ngokuba
bengabarexezikazi bona, negazi liseza-
ndhleni zabo. 46 Ngokuba isitsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Ndiya kunyusa nga-
kubo umhlambi, ndibanikele ukuzanyaza-
nyiswa nokupangwa. 47 Wauya kuti
umhlambi ubagibisele ngamatye, ubasike
ngamarele abo; onyana babo nentombi
zabo bobabulala, nezindhlu zabo baya ku-
zitshisa ngomlilo. 48 Ndandiya kupelisa
ubutshinitshini elizweni, ukuze bafundi-
swe bonke abafazi ukuba bangenzi njengo-
butshinitshini benu. 49 Baya kububeka
ubutshinitshini benu pezu kwenu, nezono
zezitixwana zenu niya kuzitwala; naniya
kukwazi okokuba mina ndiyiNKOSI ENGUYE-
HOVA.

24 LEZA kanjako ilizwi LIKAYEHOVA
kumi, ngomnyaka wesitoba, ngennya-
nga yeshumi, ngoweshumi *umhla* wennya-
nga, lisiti: 2 Nyana woluntu! zibàlele
igama lemmini, lekwa yiyo immini le:
ukumkani we-Babilone waraula i-Yerusa-
leme ngekwa yiyo immini le. 3 Uze



University of Fort Hare

uyitetele indhlu enenkani umzekeliso,
uti kubo:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Beka
imbiza, yibeke, ugalele amanzi kuyo ka-
njalo. 4 Zibutele iziqendu zayo kuyo,
zonke iziqendu ezilungileyo, itanga negxa-
laba; yizalise ngamatambo adhlulisileyo.
5 Tabata okudhlulisileyo kwomhlambi;
kanjalo makubeko imfumba yamatambo
ngapantsi kwayo; kolisa ukuyibilisa;
namatambo ayo pakati kwayo mabawapeke.
6 Ngako oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Kwoba nzima kuso isixeko esine-
gazi, kuyo imbiza umhlwa wayo ukuyo,
nomhlwa wayo ungapumanga kuyo! nge-
ziqendu zayo ezinye ngezinye yikupe;
makungawi pezu kwayo isiqashiso. 7 Ngo-
kuba igazi laso lipakati kwaso; pezu
kweliwa elitshileyo silibekile; asiligale-
langa pezu kwomhlaba, ukuba siliselele
ngotuli. 8 Ukuze kuvuswe uburalarume,
ukuze kwenziwe impindezelo, ndilibekile
igazi laso pezu kweliwa elitshileyo, ukuba
lingaselelwa. 9 Ngako oko itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Kwoba nzima kuso
isixeko segazi! Kanjako ndiya kulenza
likulu igoqo. 10 Fumbisa inkuni, pemba
umlilo, vutisa innyama, yimanye nge-
zimnandi, namatambo makatshiswe. 11 Ya-
ndula ukuyimisa pezu kwamalahle ayo
izé, ukuba ifudumale ixina yayo, itshe
nokutsha, nokuba kunyibilikiswe pakati
kwayo ukuncola kwayo, kugqitywe umhlwa
wayo. 12 Izidinisile ngenkatazo, kodwa
umhlwa wayo omninzi awupumanga kuyo;
*maube* semlilweni umhlwa wayo! 13 Eku-
ncoleni kwako kuko okuhlazekileyo:
ngokokuba ndikuhlambulule, kanti aku-
hlambululekile, akuyi kubuya uhlanjulu-
lwe ekuncoleni kwako, ndingekapumzanga
uburalarume bami pezu kwako. 14 Mina
'YEHOVA nditetile *oku*, kwoza kubako,
ndandiya kukwenza; andiyi kuyeka, andi-
yi kuba nannceba, andiyi kuba nalusizi;
njengendhlela zako, nanjengezenzo zako,
baya kukugweba, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
15 Labuya leza kumi ilizwi LIKAYEHOVA,
lisiti: 16 Nyana woluntu! bona ke, ndiya
kususa kuwe inkanuko yamehlo ako nge-
sibeto; kodwa akuyi kusenza isijwili,
akuyi kulila nokulila, kanjako innyembezi
zako aziyi kupuma. 17 Befunyeka eku-
tini cwaka, isililelo sabafileyo akuyi
kusenza, unkontsho lwako lubope pezu
kwako, nezihlangu zako zifake ezinnya-
weni zako; kanjalo ungagubungeli imbovu
*yako*, nesonka sabantu ungasidhli.
18 Kekaloku ndateta ebantwini ngo-
kusa; wafa umfazi wami ngokuhlwa;
ndaza ndenza ngokusa njengokuba bendi-
yalelwe. 19 Bandula abantu bati kumi:
Akuyi kusixelela na ziyinto nina kuti
ezi*zinto*, ukuba wena wenje *njalo*?
20 Ndaza ndati kubo: Ilizwi LIKAYEHOVA
leza kumi, lisiti: 21 Yiti kwindhlu ka-
Sirayeli:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona
ke, ndiya kuncolisa indawo yami engcwele,
iratshi lamandhla enu, inkanuko yamehlo
enu, nennyamekelo yompefumlo wenu;
boti onyana benu nentombi zenu eniba-
shiyileyo bawe ngerele. 22 Naniya
kwenza njengokuba ndenzile mina; imbovu
*zenu* aniyi kuzigubungela, nesonka sa-
bantu aniyi kusidhla. 23 Inkontsho zenu
zoba pezu kwenkloko zenu, nezihlangu
zenu ezinnyaweni zenu; aniyi kusenza
isijwili, aniyi kulila nokulila; koko niya
kungcungcuteka ezikohlakalweni zenu,
nigule omnye ngakuye omnye. 24 Waeya
kuti u-Hezekile abe ngumqondiso kuni:
njengako konke akwenzileyo, niya kwenza
nina; nxa kuzayo oku, niya kwandula
nazi okokuba mina ndiYINKOSI ENGUYEHOVA.
25 Nawe, nyana woluntu! akuyi kuba
*njalo* na, emhleni ndisusayo kubo innqaba
yabo, uvuyo lwobungcwalisa babo, inka-
nuko yamehlo abo, nesilangazelelo semi-
pefumlo yabo, onyana babo nentombi
zabo? 26 Ngalomhla, lowo usindileyo
woza kuwe, ukuba kuviswe indhlebe.
27 Ngalomhla, umlomo wako uya kuvu-
lelwa lowo usindileyo, wauya kuteta,
ungabi sesisidengo: wauya kuba ngum-
qondiso kubo; babeya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA.

25 LEZA ilizwi LIKAYEHOVA kumi ka-
njako, lisiti: 2 Nyana woluntu! beka
ubuso bako ngakulo usapo luka-Hamoni,
uprofiteshe pezu kwalo. 3 Uze uti kulo
usapo luka-Hamoni:
Yivani ilizwi LENKOSI LIKAYEHOVA: itsho
INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ngennxa yokuba
ubusiti, Tshotsho! ngakuyo indawo yami
engcwele, ngokuba incolisekile; nanga-
kulo ilizwe lakwa-Sirayeli, ngokuba lici-
takele; nangakuyo indhlu ka-Juda, ngo-
kuba beyile ekutinjweni; 4 ngako oko,
bona ke, ndiya kukunikela esandhleni



University of Fort Hare

zamandhla ako ziya kuwa emhlabeni.
12 Baya kupanga ubutyebi bako, nentengo
yako boyitimba; baya kuwisa indonga
zako, nezindhlu zako ezinqwenelekileyo
bozicita; babeya kubeka amatye ako,
nemiti yako, notuli lwako, pakati kwa-
manzi. 13 Ndandiya kupezisa intsholo
yengoma zako; nenklokoma zehadi zako
aziyi kubuya ziviwe. 14 Ewe, ndiya
kukwenza iliwa elitshileyo; woba yindawo
yokwanekwa kweminata; akuyi kubuya
wakiwe; ngokuba mina 'YEHOVA nditetile,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

15 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA kuyo i-Tire
ukuti: Iziqiti aziyi kungcangcazela na
ngennxa yenklokoma yokuwa kwako,
zakugula innxwelera, kwakwenziwa uku-
bulawa pakati kwako? 16 Ziya kwandula
zonke inkosana zolwandhle zihle ezite-
roneni zazo, zibeke nxamnye ingubo zazo
zapezulu, nezivato zazo ezitungiweyo
ngamabala ngamabala zizisuse; izitutu-
melo ziya kuzambata, pezu kwomhlaba
ziya kuhlala pantsi, ziya kututumela ama-
xanyana onke, ziti nqa pezu kwako.
17 Zaziya kukutabatela isililo, ziti kuwe:
Hai ukubujiswa kwako, wena 'mhlalikazi
welwandhle, isixeko esidumisekileyo, esibe
somelele pakati kwolwandhle, sona nabemi
baso, ababeka ukwoyikeka kwabo pezu
kwabo bonke abemi baso! 18 Kaloku
iziqiti ziya kututumela ngomhla wokuwa
kwako; ewe, iziqiti ezipakati kwolwandhle
ziya kutuswa ngokupela kwako. 19 Ngo-
kuba isitsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Nxa ndiya kukwenza isixeko esicitakeleyo,
njengezixeko ezingamiwayo; nxa ndiya
kunyusa pezu kwako inzulu, ati amanzi
amaninzi akugubungele; 20 nxa ndiya
kukuhlisa ndawonye nabo bahlela esi-
hogweni, ukuya ebantwini bakudala, ndi-
kuhlalise emazantsi omhlaba, ezindaweni
ezicitakeleyo zakudala, ndawonye nabo
bahlela esihogweni, ukuze ungamiwa;
na*nxa* ndiya kumisa ubungcwalisa elizweni
labahleliyo; 21 ndiya kukwenzela izi-
tuso, ude ungabiko: nakuba ufunwayo,
akusayi kufunyanwa noko kude kube
ngunapakade, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

27 LABUYA leza kumi ilizwi LIKAYE-
HOVA, lisiti: 2 Kanjalo wena, nyana
woluntu! tabatela i-Tire isililo; 3 uze uti
kuyo i-Tire:
Wena uhlalayo ngasezingenweni zolwa-
ndhle, mtengelikazi wezizwe kuzo iziqiti
ezininzi! itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Tire! uti wena, ndifezekile ngobuhle.
4 Imida yako isembilini welwandhle;
abaki bako bafezekisile ubuhle bako.
5 Ngemiti yeberoshe yase-Senire bazakile
zonke iplanke zako; isedare zase-Leba-
none bazitabatile ukuba kukwenzelwe
imaste. 6 Ngeyeke zase-Bashane bayo-
nzile imipini yako: izitulo zako bazenzile
ngopondo lwendhlovu kunye nemiti yeta-
shure ivela eziqitini zama-Kiti. 7 Iqiya
eshiceneyo inesetyenzwa elitungiweyo
ngamabala ngamabala, ivela e-Jipete, ibi-
sisitwabuluko sako, ukuba ibe yiseli yako;
izulura nesibomvu, zivela eziqitini zase-
Elishai, zibe zisisigubungelo sako. 8 Abemi
base-Tsidone ne-Aravadi bebengabaqùbi
bako ngemipini; amalumko ako, Tire!
abeko kuwe, wona ebengabapati bennqa-
nawa bako. 9 Abadala base-Gebali, na-
malumko ayo, bebeko kuwe, abalungisi
bentanda zako; zonke innqanawa zolwa-
ndhle, nomatrose bazo, beziko kuwe, uku-
tenga intengo yako. 10 Ama-Peresiya,
nama-Ludi, nama-Pute, ebesempini yako,
amadoda ako okulwa; axòma ikaka nom-
nqwazi kuwe; wona enza inkazimlo yako.
11 Amadoda ase-Aravadi nempi yako
ebepezu kwendonga zako ngento engqo-
ngayo; nama-Gamadi ebesezinnqatyeni
zako; amakaka awo awaxòma ezindongeni
zako ngento engqongayo; afezekisa ubu-
hle bako. 12 I-Tareshishe ibingumtengisi
wako ngennxa yobuninzi bendyebo zonke;
ngesilivere, ngesincete, ngetine, nange-
lode, benza ukwanana nawe. 13 I-Javane,
ne-Tubali, ne-Mesheki, zibe zingabatengi
bako; ngemipefumlo yabantu nempahla
zexina batengelana nawe. 14 Abendhlu
ka-Togama benza ukwanana nawe ngama-
hashe *ennqwelo*, nangamahashe okukwelwa,
nangamaqwarara. 15 Amadoda ase-De-
dane ebengabatengi bako; iziqiti ezininzi
zibe ziyintengelo yesandhla sako; impondo
zopondo lwendhlovu nezeheboni bazi-
buyisa zibe libaso lako. 16 I-Siriya ibi-
yindawo yokutengisa kwako ngennxa yo-
buninzi bamasetyenzwa ako; ngesamagide,
ngesibomvu, nangenncawe etungiweyo
ngamabala ngamabala, nangeqiya eshice-
neyo, ngekorali, nangerubi, benza ukwa-
nana nawe. 17 I-Juda, nelizwe lakwa-
Sirayeli, zona zibe zingabatengi bako;
ngennqolowa yase-Minite ne-Panage, na-



University of Fort Hare

ngobusi, nangeoli, nangetsori, batengelana
nawe. 18 I-Damakusi ibiyindawo yoku-
tengisa kwako, ngobuninzi bamasetyenzwa
ako, ngennxa yobuninzi bendyebo zonke;
ngeveyine yase-Helibone, noboya obu-
mhlope. 19 I-Vedane ne-Javane yakwa-
Yuzale zenza ukwanana nawe; isincete esi-
kazimlayo, *n*ekasiya, nekalame, zibe zisen-
daweni yako yokutenga. 20 I-Dedane ibi-
ngumtengi wako ngezivato zokwandhlalwa
ezinnqwelweni. 21 I-Arabi, nazo zonke
inkosana zakwa-Kedare, zona zibe zinga-
batengisi besandhla sako; ngemvana, nen-
kunzi zegusha, nebokwe,—ngezi zibe
zingabatengisi bako. 22 Abatengi base-
Sheba ne-Rahama, bona bebengabatengi
bako; ngezimnandi zonke ezidumileyo, na-
ngamatye onke anqabileyo, negolide, benza
ukwanana nawe. 23 I-Karane, ne-Kane, ne-
Hedeni, abatengi base-Sheba, *n*e-Asiriya,
*n*e-Kilimade, bebengabatengi bako. 24 Aba
bebengabatengi bako ngezinto ezinkle,
ngezinameko zezulura nenncawe etungi-
weyo ngamabala ngamabala, nangetyeya
zezivato ezinqabileyo, zibotshiwe ngen-
tambo, zenziwe ngemiti yesedare, pakati
kwentengo yako. 25 Innqanawa zase-
Tareshishe zibe zingabaratyazi bako eku-
tengeni kwako; waza wazaliswa, wabe-
keka kakulu embilini welwandhle.

26 Abaqùbi bako ngemipini bakuzisile
emanzini amakulu; ummoya wasempuma-
langa ukwapulile, embilini welwandhle.
27 Indyebo yako, nokwanana kwako, inte-
ngo yako, omatrose bako, nabapati bennqa-
nawa bako; abalungisi bentanda zako,
nabatengi bentengo yako, nawo onke ama-
doda ako okulwa, lawo akuwe, nakuwo
wonke umhlambi wako opakati kwako,
baya kuwa embilini welwandhle, ngomhla
wokuwa kwako. 28 Ngenklokoma yesi-
kalo sabapati bennqanawa bako, innqele
ziya kungcangcazela. 29 Baya kuhla
ezinnqanaweni zabo, bonke abapete imi-
pini, omatrose, bonke abapati bennqanawa
baselwandhle; baya kuma emhlabeni, 30
bavakalise ilizwi labo pezu kwako, bakale
ngento erara, bapose utuli pezu kwenklo-
ko zabo, baqikaqikeke elututwini, 31 ba-
zenze 'bunqai ngennxa yako, babinqe ngen-
klakanklaka, bakulilele ngoburara bompe-
fumlo, ngokulila okurara; 32 babeya
kukutabatela ekukaleni kwabo isililo, ba-
lile pezu kwako, *besiti:* Sisipina *isixeko*
esinjenge-Tire, njengesicitakeleyo pakati
kwolwandhle? 33 Ekupumeni kwezinto
zako zokwanana ezilwandhleni, wahlutisa
izizwe ezininzi; ngobuninzi bendyebo
zako nentengo yako watyebisa okumkani
bomhlaba. 34 Ngexesha lokwapulwa kwa-
ko zilwandhle ezinzulwini zamanzi, inte-
ngo yako nawo wonke umhlambi wako
pakati kwako uya kuwa. 35 Bonke abemi
beziqiti bokutela nqa, nokumkani babo
baya kuhlatyuzela kakulu, boba nevuso
ubuso *babo.* 36 Abatengisi pakati kwe-
zizwe baya kwenza amakwelo pezu kwako;
woba sisituso, ude ungabiko kude kube
ngunapakade.

28 LABUYA leza kuni ilizwi LIKAYE-
HOVA, lisiti: 2 Nyana woluntu! yiti
kwinkosi ye-Tire:

Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ngen-
nxa yokuba inkliziyo yako ipakamile, no-
kuba uti, ndiNGUTIXO, ndihleli esihlalweni
SIKATIXO, embilini welwandhle; kanti u-
ngumntu ke, ungenguye UTIXO, nangona
uyibeka inkliziyo yako njengenkliziyo KA-
TIXO; 3 bona ke, ulumkile pezu kwo-Da-
nyeli; akuko 'mfihleko engakufihlelwayo.
4 Ngobulumko bako nangengqondo yako
uzizuzele ubutyebi; ewe, uzuzile igolide
nesilivere ezimbekelweni zako. 5 Ngo-
bukulu bobulumko bako ekutengeni kwa-
ko ubandisile ubutyebi bako; kanjalo
inkliziyo yako ipakamile ngennxa yobu-
tyebi bako. 6 Ngako oko itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Ngennxa yokuba ube-
kile inkliziyo yako njengenkliziyo KATIXO;
7 ngako oko, bona ke, ndiya kuzisa pezu
kwako abasemzini, abazidhlwengu ezi-
zwe; abaya kurola amarele abo ngakubo
ubuhle bobulumko bako, bancolise inkazi-
mlo yako. 8 Baya kukuhlisela emnxu-
nyeni, wauya kufa ngokufa kwabahlatyi-
weyo embilini welwandhle. 9 Womana
ukuti na, ndiNGUTIXO, ebusweni bokubulala-
yo, ungumntu nje, ungenguye UTIXO, esa-
ndhleni sokuhlabayo? 10 Ukufa kwa-
bangalukileyo uya kukufa ngesandhla
sabasemzini; ngokuba nditetile mina, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA.

11 Lalekela ilizwi LIKAYEHOVA leza ku-
mi, lisiti: 12 Nyana woluntu! tabata isi-
lilo pezu kwokumkani we-Tire, uti kuye:

Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Wena
uncamatiselayo umlinganiso, ozele bubu-
lumko, ofezekile ngobuhle! 13 ubuko
e-Hedeni, emyezweni KATIXO; onke ama-



University of Fort Hare

tye anqabileyo ebesisigubungelo sako,
irubi, itopaze, neyahalome, ikrusolite, isa-
donutse, nejasipidi, isafire, isamagide, ne-
kabunekele, negolide: umsebenzi wenta-
mbula zako nowemilozi yako ubukuwe;
emhleni wokudalwa kwako zalungiswa.
14 Ubuyikerubime etanjisiweyo egubu-
ngelayo; ndakumisa *njalo;* ubuko entabe-
ni eyingcwele KATIXO; pakati kwamatye
omlilo ubuhambahamba. 15 Ubufezekile
wena ezindhleleni zako, kwa semhleni
wokudalwa kwako, kwada kwafunyanwa
inkohlakalo kuwe. 16 Ngobuninzi bente-
ngo yako bazalisile umpakati wako ngo-
budhlwengu, wawonile; ngako ndiya ku-
kulahla njengento encolileyo entabeni
KATIXO; ndandiya kukububisa, wena 'keru-
bime egubungelayo! kwa pakati kwama-
tye omlilo. 17 Inkliziyo yako ubupaka-
mile ngobuhle bako; wonakalisile ubu-
lumko bako ngennxa yenkazimlo yako:
ndokukahlela emhlabeni, ndokubeka ebu-
sweni bokumkani, ukuba bakubonele. 18
Ngobuninzi benkohlakalo zako, ngobume-
nemene bokutenga kwako, uzincolisile
indawo zako ezingcwele; ngako ndiya
kupumisa umlilo kwa pakati kwako oya
kukudhla; ndandiya kukwenza ube lututu
pezu kwomhlaba, emehlweni abo bonke
abakubonayo. 19 Bonke abakwaziyo pa-
kati kwezizwe bokutela nqa; woba sisi-
tuso, ude ungabiko kude kube ngunapa-
kade.

20 LEZA kanjako ilizwi LIKAYEHOVA
kumi, lisiti: 21 Nyana woluntu! beka
ubuso bako ngakuyo i-Tsidone, uprofiteshe
ngakuyo, 22 uti:

Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona
ke, ndingakuwe, Tsidone! ndandiya ku-
bekwa pakati kwako; baye beya kwazi
okokuba mina ndiNGUYEHOVA, nxa ndiye-
nza kuyo imigwebo, na*nxa* ndingcwaliswa
kuyo. 23 Ngokuba ndiya kutuma kuyo
isifo esibubisayo, negazi ezitarateni zayo;
kanjalo innxwelera ziya kuwa pakati
kwayo, ngerele elingakuyo ngamacala
onke; babeya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA.

24 Kwaye kungayi kubuya kubeko kwin-
dhlu ka-Sirayeli ameva arauzelisayo, na-
makakakaka anika ubuhlungu, kubo bonke
ababangqongayo, abo ababacekisayo; ba-
beya kukwazi okokuba mina ndiYINKOSI
ENGUYEHOVA. 25 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Nxa ndibutileyo indhlu ka-Sira-
yeli ezizweni abatiwe sa pakati kwazo, na-
*nxa* ndiya kungcwaliswa kubo emehlweni
abaheyideni, baya kwandula bahlale emhla-
beni wabo, endawunikayo kwisicaka sami,
ku-Yakobi. 26 Babeya kuhlala kuwo ngo-
kunqaba, bake izindhlu, batyale imiyezo;
ewe, baya kuhlala ngokunqaba, nxa ndi-
yenzile imigwebo pezu kwabo bonke aba-
bacekisayo, ababangqongayo; babeya ku-
kwazi okokuba mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO
wabo.

29 NGOMNYAKA weshumi, ngeyeshu-
mi *innyanga*, ngoweshumi linesibini
*umhla* wennyanga, leza ilizwi LIKAYEHOVA
kumi, lisiti: 2 Nyana woluntu! beka ubu-
so bako ngakuye u-Faro ukumkani we-
Jipete, uprofiteshe ngakuye, nangakuyo i-
Jipete yonke. 3 Teta, uti:

Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona
ke, ndingakuwe, Faro, kumkani we-Jipete!
longwenya inkulu elala pantsi pakati kwe-
milambo yayo; ete: Ngowami umlambo
wami, ndiwenzele mina. 4 Koko ndiya
kufaka amaqeru emihlatini yako, ndenze
zonke inklanzi zemilambo yako ziti nama
ezinkwetwini zako; ndiya kukunyusa kwa
pakati kwemilambo yako, ziti zonke inkla-
nzi zemilambo yako zinamatele ezinkwe-
twini zako. 5 Ndandiya kukulahlela en-
klango, wena nazo zonke inklanzi zemi-
lambo yako; pezu kwobuso bezindhle uya
kuwa; akuyi kuhlanganiswa, akuyi ku-
butwa nokubutwa: ndikunikile ube ku-
kutya emaramnceweni omhlaba nasezinta-
keni zezulu. 6 Baye bonke abemi base-
Jipete beya kukwazi okokuba mina ndi-
NGUYEHOVA, ngennxa yokuba bebengumsi-
melelo wengcongolo kwindhlu ka-Sirayeli.
7 Nxa bakubambayo ngesandhla sako, wa-
tyunyuzwa, wabacandela igxalaba lonke;
naxeshekweni bayama pezu kwako, wapu-
ka, wenza zonke izinqe zabo zime. 8
Ngako oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Bona ke, ndiya kuzisa pezu kwako irele,
ndinqamle kuwe abantu nezilo. 9 Ilizwe
le-Jipete loba yingcitakalo nobugxwayiba:
babeya kukwazi okokuba mina ndiNGU-
YEHOVA; ngennxa yokuba ete: Umlambo
ngowami, ndiwenzile mina. 10 Ngako
oko, bona ke, ndingakuwe, nangakuyo imi-
lambo yako; nelizwe le-Jipete ndiya kule-
nza libe 'bugxwayiba lipela, *nengcitakalo*,
kwa kuyo i-Migidole kude kube se-Sevene,



University of Fort Hare

nakude kube semdeni wase-Tiyopiya. 11
Akuyi kucanda kulo unyawo lwomntu,
akuyi kucanda kulo nonyawo lwesilo;
lalingayi kumiwa iminyaka engamashumi
mane. 12 Ndandiya kulenza ilizwe le-
Jipete libe yingcitakalo pakati kwamazwe
acitakeleyo, nezixeko zayo, pakati kwezi-
xeko ezenzwe 'bunxuwa, zoba yingcitakalo
iminyaka engamashumi mane; nama-Jipete
ndiya kuwati sa pakati kwenklanga, ndi-
wacite pakati kwamazwe.

13 Noko itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Ekupeleni kweminyaka imashumi mane,
ndiya kubuta ama-Jipete ezizweni apo
abetelwe sa kona. 14 Ndandiya kubu-
yisa ukutinjwa kwama-Jipete, ndiwabuyi-
sele elizweni le-Patrose, elizweni loku-
zalwa kwawo; aeya kubako kona ebubu-
kumkani obutobekileyo. 15 Boba buto-
bekile kubo *bonke* ubukumkani; kanjalo
abusayi kubuya buzipakamise pezu kwen-
klanga: ngokuba ndiya kuwancipisa, ukuze
angapati ubukosi pezu kwenklanga. 16
Baye bungayi kubuya bube litemba
lendhlu ka-Sirayeli, elikumbuza ityala,
ngokubeka kwabo emva kwawo; aeya ku-
kwazi okokuba mina ndiYINKOSI ENGUYE-
HOVA.

17 KWAYE kute ngomnyaka wama-
shumi mabini anesixenxe, ngeyokuqala
*innyanga*, ngowokuqala *umhla* wenyanga,
leza ilizwi LIKAYEHOVA kumi, lisiti:

18 Nyana woluntu! u-Nebukanetsare
ukumkani we-Babilone wayikonzisa impi
yake inkonzo enkulu ngakuyo i-Tire;
zonke inkloko zenziwa 'bunqai, nawo
onke amagxalaba obulwa; kanti umvuzo
ubungeko kuye, nakuyo impi yake, uvela
kwi-Tiro, ngennxa yenkonzo abeyikonza
ngakuyo. 19 Ngako oko itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya kunika
u-Nebukanetsare ukumkani we-Babilone
ilizwe le-Jipete; oya kususa isihlwele
salo, atimbe amaxoba alo, apange impango
yalo; lona loba ngumvuzo wempi yake.
20 *Ngennxa* yomsebenzi wake abekonza
ngawo ngakuyo, ndimnikile ilizwe le-
Jipete, ngokuba bewenzele mina, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA.

21 Ngomhla lowo ndiya kuhlumisa u-
pondo lwendhlu ka-Sirayeli; nakuwe
ndiya kunika ukuvulwa kwomlomo pakati
kwabo; babeya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA.

30 LABUYA leza kumi ilizwi LIKAYE-
HOVA, lisiti: 2 Nyana woluntu! pro-
fitesha uti:

Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Lilani!
Au, umhla lowo! 3 Ngokuba umhla uku-
fupi, ewe, umhla KAYEHOVA ukufupi, umhla
wamafu; loba lixesha labaheyideni. 4 Ngo-
kuba irele liya kuza pezu kwe-Jipete, no-
tutumbelo luya kubako e-Tiyopiya, nxa
kuwayo abahlatyiweyo e-Jipete; kwakuya
kususwa isihlwele sayo, nemisekelo yayo
iya kucitwa. 5 I-Tiyopiya, ne-Pute, ne-
Ludi, nabo bonke abantu abadityanisiweyo,
ne-Kube, nosapo lwelizwe locebano, baya
kuwa kunye nabo ngerele.

6 Utsho UYEHOVA ukuti: Ewe, baya
kuwa abasekelayo i-Jipete, lihle ke ira-
tshi lamandhla ayo; kwa se-Migidole kude
kube se-Sevene baya kuwa ngerele kuyo,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA. 7 Boba becita-
kele pakati kwamazwe acitakeleyo; nezi-
xeko zayo zoba pakati kwezixeko ezenzwe
'bunxuwa. 8 Babeya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA, nxa ndibekileyo um-
lilo e-Jipete, na*nxa* bonke abancedi bayo
babujisiwe. 9 Ngalomhla izigidimi ziya
kupuma ebusweni bami ngenqanawa, u-
kuya kuwoyikisa ama-Tiyopiya asekunqa-
beni; kwaye kuya kubako ututumbelo
pakati kwawo, njengasemhleni we-Jipete;
ngokuba, bona ke, lusiza.

10 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ka-
njalo ndiya kupelisa isihlwele se-Jipete
ngesandhla sika-Nebukanetsare ukumkani
we-Babilone. 11 Yena nabantu bake ku-
nye naye, izidhlwengu zezizwe, baya kuzi-
swa ukulonakalisa ilizwe; babeya kurola
amarele abo ngakuyo i-Jipete, bazalise
ilizwe ngabahlatyiweyo. 12 Imilambo
ndiya kuyenza ibe yomile, nelizwe ndoli-
tengisela esandhleni sabakohlakeleyo; nda-
ndiya kucitakalisa ilizwe nokuzala kwalo
ngesandhla sabasemzini; mina 'YEHOVA
nditetile.

13 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ka-
njalo 'izitixwana ndiya kuzitshabalalisa,
namadalo ndowapelisa kuyo i-Nofe; kwaye
kungasayi kubako inkosi yasezweni le-
Jipete; ndandiya kubeka ulwoyiko eli-
zweni le-Jipete. 14 Ndiya kucitakalisa i-
Patrose, ndibeke umlilo e-Tsoane, ndenze
imigwebo e-No. 15 Ndandiya kubutulula
uburalarume bami pezu kwe-Sine, innqaba
ye-Jipete, ndisinqamle isihlwele sase-No.
16 Ndowubeka umlilo e-Jipete; i-Sine



University of Fort Hare

yoba nobuhlungu obukulu, ne-No iya ku-
gqojozelwa, ne-Nofe yoba sebunzimeni
bemihla ngemihla. 17 Amadodana ase-
Avene nawase-Pi-besete aya kuwa nge-
rele; *nezixeko* ezi zoya ekutinjweni 18
Nase-Tahapanesi immini iya kwenziwa
mnyama, nxa ndizapula kona iyokwe ze-
Jipete; kanjalo iratshi lamandhla ayo liya
kupela kuyo; yona ilifu liya kuyisibeke-
lela, nentombi zayo zoya ekutinjweni. 19
Kwa njalo ndiya kuyenza imigwebo e-
Jipete; babeya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA.

20 KWAYE kute ngomnyaka weshumi
elinamnye, ngeyokuqala *innyanga*, ngowe-
sixenxe *umhla* wennyanga, leza ilizwi LI-
KAYEHOVA kumi, lisiti:
21 Nyana woluntu! ingalo ka-Faro u-
kumkani we-Jipete ndiyapulile; kanjako,
bona ke, ayiyi kubotshwa ukufaka ama-
yeza, ukuƀeka isiqoqo sokuyibopa, ukuyo-
meleza, ukuba ibambe irele. 22 Ngako
oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona
ke, ndingakuye u-Faro ukumkani we-
Jipete, ndandiya kwapula ingalo zake,
eyomeleleyo neyapukileyo, ndiliwise irele
esandhleni sake. 23 Ndowati sa ama-
Jipete pakati kwenklanga, ndiwacite pakati
kwamazwe. 24 Ndandiya kuzomeleza
ingalo zokumkani we-Babilone, ndilinike
irele lami esandhleni sake; kodwa ingalo
zika-Faro ndozapula, waeya kugula ngo-
kugula kwohlatyiweyo ebusweni bake.
25 Ewe ndiya kuzomeleza ingalo zoku-
mkani we-Babilone, kodwa ingalo zika-
Faro ziya kuwa pantsi; aeya kukwazi
okokuba mina ndiNGUYEHOVA, nxa ndinika
irele lami esandhleni sokumkani we-Babi-
lone, *nanxa* alolulayo pezu kwelizwe le-
Jipete. 26 Ndandiya kuwati sa ama-Jipete
pakati kwenklanga, ndiwacite pakati kwa-
mazwe; andule akwazi okokuba mina ndi-
NGUYEHOVA.

31 KWAYE kute ngomnyaka weshumi
elinamnye, ngeyesitatu *innyanga*, ngo-
wokuqala *umhla* wennyanga, leza ilizwi
LIKAYEHOVA kumi, lisiti: 2 Nyana wo-
luntu! yiti ku-Faro ukumkani we-Jipete,
nakuso isihlwele sake:
Ufana nobanina ebukulwini bako? 3
Bona ke, um-Asiriya ebengumti wesedare
e-Lebanone, omasebe mahle, nobugqabi
bumika umtunzi, nobupakamo bude; lalibe
isebe lake lapezulu lipakati kwamagatya
abungqingqwa. 4 Amanzi amenza 'mkulu,
inzulu yamenza 'mde, ebihamba ngemila-
mbo ayo ngokungqonga isityalwa sayo, ne-
mijelo yayo yayikupela kuyo yonke imiti
yasendhle. 5 Ngokunjalo babude ubupa-
kamo bake ngapezu kwayo yonke imiti
yasendhle; amasebe ake aba maninzi, na-
magatya ake abe olukile, ngennxa yama-
nzi amaninzi, ekunabiseni kwake. 6 Ema-
sebeni ake zonke intaka zezulu zenza
izindhlu zazo, nangapantsi kwamagatya
ake zazala zonke izilo zasendhle, nasemtu-
nzini wake zahlala zonke izizwe ezikulu.
7 Waye emhle ke ebukulwini bake, ebu-
deni bamasebe ake; ngokuba ingcambo
yake ibingasemanzini amakulu. 8 Isedare
emyezweni KATIXO azamsitelisa; iberoshe
azafana namasebe ake, neharemone bezi-
ngenjengamagatya ake; bekungeko nam-
nye umti emyezweni KATIXO ofana nayo
ngobuhle bake. 9 Ndamenza 'mhle ngo-
buninzi bamagatya ake, yada yanomona
ngaye yonke imiti yase-Hedeni ebisemye-
zweni KATIXO.
10 Ngako oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Ngennxa yokuba ubupakamile ngo-
bude; ewe, wamisa isebe lake lapezulu
pakati kwamagatya abungqingqwa, yati
inkliziyo yake yapakama ngobupakamo
bake; 11 ngako ndimnikele esandhleni
sosomandhla wezizwe; uya kumenzela
ukwenza kwake; ngennxa yokukohlakala
kwake ndimgxotile. 12 Abasemzini, aba-
zidhlwengu zezizwe, baya kumnqumla,
bamlahle; pezu kwentaba nakuyo yonke
imihlambo amasebe ake aya kuwa, nama-
gatya ake aya kwapulwa ngakuyo yonke
imilanjana yelizwe; babeya kuhla em-
tunzini wake bonke abantu bomhlaba,
bamlahle. 13 Pezu kwesiwiwo sake ziya
kuhlala zonke intaka zezulu, nasemaga-
tyeni ake zobako zonke izilo zasendhle:
14 ukuze yonke imiti yangasemanzini
ingazipakamisi ngobude bayo, nokuba
ingamisi isebe layo lapezulu pakati kwa-
magatya abungqingqwa, nokuba yonke
esela amanzi ingazimeli ngokwayo ngo-
bupakamo bayo; ngokuba yonke ini-
kelwe ekufeni, emazantsi omhlaba, pakati
kwosapo lwabantu, ndawonye nabo behlela
esihogweni. 15 Itsƀo INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Emhleni wehlela ehadesi ndenza
kulilwe; ndamgubungelela inzulu, nda-
tinta imisinga yayo, aza abambeka amanzi



University of Fort Hare

amakulu ; ndenza ne-Lebanone imlilele,
nayo yonke imiti yasendhle yacubuka
ngenuxa yake. 16 Ngenklokoma yokuwa
kwake ndangcangcazelisa izizwe, ndakum-
hlisela ehadesi kunye nabo behlela esi-
hogweni ; yandula yatutuzeleka emazantsi
omhlaba yonke imiti yase-Hedeni, edhlu-
lisileyo nelungileyo yase-Lebanone, yonke
esela amanzi. 17 Kwa nalé yehlela eha-
desi kunye naye, kubo abahlatyiweyo nge-
rele ; nabayingalo yake, *a*babehleli emtu-
nzini wake pakati kwezizwe. 18 Ufana
nobanina ngento enjalo ngobungcwalisa
nangobukulu pakati kwemiti yase-He-
deni ? nawe uya kuhliselwa emazantsi
omhlaba kunye nemiti yase-Hedeni ; pa-
kati kwabangalukileyo uya kulala nda-
wonye nabahlatyiweyo ngerele. Lo u-
nguye u-Faro, naso sonke isihlwele sake,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

32 KWAYE kute ngomnyaka weshumi
linesibini, ngeyeshumi linesibini in-
nyanga, ngowokuqala *umhla* wennyanga,
leza ilizwi LIKAYEHOVA kumi, lisiti : 2
Nyana woluntu ! tabata isililo pezu kwo-
Faro ukumkani we-Jipete, uti kuye :

Uyafana nengonyamana yezizwe, unje-
ngengwenya ezilwandhleni, wabutyoboza
emilanjeni yako, wawenza 'budaka amanzi
ngennyawo zako, waxovula imilambo yazo.
3 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti : Ngako
ndiya kwaneka pezu kwako utambo lwami
enklanganisweni yabantu abaninzi, abaya
kukunyusa ngomnata wami. 4 Ndiya
kwandula ndikulahlele emhlabeni, pezu
kwobuso bezindhle ndokuwisa pantsi ;
ndandiya kulalisa pezu kwako zonke
intaka zezulu, ndizihlutise ngawe izilo
zomhlaba wonke. 5 Ndiya kubeka in-
nyama yako pezu kwentaba, ndizalise imi-
hlambo ngobuhandiba bako. 6 Nelizwe
lokukukula kwako ndolinyela ngegazi
lako kude kube sezintabeni ; yoti imijelo
izaliswe ngawe. 7 Kanjako ndiya kugu-
bungela izulu ekucinyweni kwako, nen-
kwenkwezi zalo ndozenza mnyama ; ila-
nga ndoligubungela ngelifu, nennyanga
ayiyi kukanyisa ukukanya kwayo. 8
Zonke izikanyiso ezikanyayo ezulwini
ndiya kuzenza mnyama pezu kwako, ndi-
nike ubumnyama pezu kwelizwe lako,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA. 9 Ndandiya
kukataza inkliziyo yabantu abaninzi nda-
kuzisa imbujiswa yako pakati kwezizwe,
emazweni ongawazanga. 10 Ewe, ndiya
kubenza abantu abaninzi bakutele nqa,
bati okumkani babo bahlatyuzele kakulu
ngennxa yako, ndakuvivinya irele lami
ebusweni babo ; babeya kututumela ama-
xanyana onke, abanye ngabanye ngennxa
yobomi babo, emhleni wokuwa kwako. 11
Ngokuba isitsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti :
Irele lokumkani we-Babilone liya kuza
pezu kwako. 12 Ngamarele amagora ndo-
siwisa isihlwele sako, engabazidhlwengu
zezizwe onke ; aya kucita iratshi le-
Jipete, naso sonke isihlwele sayo siya
kutshatyalaliswa. 13 Ndandiya kububisa
zonke izilo zayo ngasemanzini amakulu ;
unyawo lwomntu aluyi kubuya luwenze
'budaka, kanjalo impupu zezilo aziyi ku-
wenza 'budaka. 14 Oko ndiya kudambisa
amanzi abo, nemilambo yabo ndiya kuye-
lisa njengeoli, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
15 Nxa ndiya kulenza ilizwe le-Jipete
libe yingcitakalo, liti ilizwe licitakali-
swe ukuzala kwalo, nxa ndiya kubeta
bonke abemiyo kulo, baya kwandula ba-
kwazi okokuba mina ndiNGUYEHOVA. 16
Sisililo esi abaya kulila ngaso ; intombi
zezizwe ziya kulila ngaso ; pezu kwe-
Jipete, napezu kwaso sonke isihlwelo
sayo, ziya kulila ngaso, itsho INKOSI E-
NGUYEHOVA.

17 Kwaye kute kanjalo ngomnyaka
weshumi linesibini, ngoweshumi linesi-
hlanu *umhla* wennyanga, leza ilizwi LIKA-
YEHOVA kumi, lisiti :

18 Nyana woluntu ! yenza isikalo pezu
kwesihlwele sase-Jipete, usihlisele, (yona
nentombi zezizwe ezidumileyo,) emaza-
ntsi omhlaba, kunye nabo behlela esiho-
gweni. 19 Udhlula 'banina ngobuhle ?
Yihla, ulale ndawonye nabangalukileyo.
20 Pakati kwabahlatyiweyo ngerele baya
kuwa ; inikelwe ereleni ; yiroleni yona
nazo zonke izihlwele zayo. 21 Amaroti
amandhla makulu aya kuteta kuye, pakati
kwayo ihadesi, kunye nabancedi bake ;
behlile, balele pantsi, abangalukileyo, a-
bahlatyiweyo ngerele. 22 Kuko kona
i-Asiriya nawo wonke umhlambi wayo ;
amanewaba ake ayamngqonga ; bonke be-
hlatyiwe, bewile ngerele : 23 abama-
newaba abekwe emacaleni esihogo ; waye
umhlambi wayo ulingqonga inewaba layo ;
bonke behlatyiwe, bewile ngerele, aba-
senza isoyikeko sibe selizweni labahleliyo.
24 Kuko kona i-Helami naso sonke isi-



University of Fort Hare

hlwele sayo silingqonga incwaba layo, bo-
nke behlatyiwe, bewile ngerele, abehlele
bengalukanga emazantsi omhlaba, abasenza
isoyikeko sabo sibe selizweni labahleliyo;
kodwa balitwele ihlazo labo kunye nabo
behlela esihogweni. 25 Pakati kwaba-
hlatyiweyo bayibekele umandhlalo nda-
wonye naso sonke isihlwele sayo; ama-
ncwaba ayo ayamngqonga; bonke be-
ngabangalukileyo, abahlatyiweyo ngerele;
nakuba kube kusenzwa isoyikeko sabo sibe
selizweni labahleliyo, balitwele noko ihlazo
labo kunye nabo behlela esihogweni: pa-
kati kwabahlatyiweyo ubekiwe. 26 Kuko
kona i-Mesheki, i-Tubali, naso sonke isi-
hlwele sayo; amancwaba ayo ayamngqo-
nga; bonke bengabangalukileyo, abahla-
tyiweyo ngerele, nakuba bebesenza iso-
yikeko sabo sibe selizweni labahleliyo.
27 Baye bengayi kulala *na* ndawonye na-
maroti awileyo pakati kwabangalukileyo,
lawo ahleleyo ehadesi enezixòbo zokulwa
zawo, namarele awo bawabekile ngapantsi
kwenkloko zawo? abankohlakalo zipezu
kwamatambo abo, nakuba bebesisoyikeko
kumaroti elizweni labahleliyo. 28 Nawe
uya kwapulwa pakati kwabangalukileyo,
ulale ndawonye nabahlatyiweyo ngerele.
29 Kuko kona i-Edome, okumkani bayo,
nazo zonke inkosana zayo, abati eburotini
babo babekwe nabahlatyiweyo ngerele;
bona baya kulala ndawonye nabangaluki-
leyo, nandawonye nabo behlela esiho-
gweni. 30 Kuko kona inkosi zasenode,
zona zonke, nawo onke ama-Tsidone, aba-
hlileyo nabahlatyiweyo, bedanele uburoti
babo pakati kwesoyikeko sabo; balele
bengalukanga ndawonye nabahlatyiweyo
ngerele, nehlazo labo balitwele kunye
nabo behlela esihogweni. 31 U-Faro
wobabona, atutuzelwe pezu kwaso sonke
isihlwele sake, abahlatyiweyo ngerele, u-
Faro nayo yonke impi yake, itsho INKOSI
ENGUYEHOVA. 32 Ngokuba ndisenzile iso-
yikeko sami sibe selizweni labahleliyo;
waoya kulaliswa pakati kwabangaluki-
leyo ndawonye nabahlatiweyo ngerele,
u-Faro naso sonke isihlwele sake, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA.

33 LABUYA leza kumi ilizwi LIKAYE-
HOVA, lisiti: 2 Nyana woluntu! teta
nalo usapo lwabantu bako, uti kulo:
Nxa ndizisayo irele pezu kwelizwe, bati
abantu belizwe batabate indoda yasemideni
yabo, bayimise ibe ngumlindi wabo; 3 ide
ibone irele lisiza pezu kwelizwe, ivutele
ngexilongo, iyale abantu; 4 andule evo
ovayo inklokoma yexilongo, kanti aka-
yaleki; ukuba liyeza irele, limsuse, igazi
lake loba pezu kweyake inkloko. 5 Inklo-
koma yexilongo wabeyiva, kanti wabenga-
yaleki; igazi lake loba pezu kwake: kodwa
lowo uyalekayo wowusindisa umpefumlo
wake. 6 Naxeshekweni umlindi abona irele
lisiza, kanti akavuteli ngexilongo, bati
abantu bangayalwa; ukuba liyeza irele,
lisuse omnye wakubo, lowo uyasuswa
usetyaleni lake, kodwa igazi lake ndoli-
biza esandhleni somlindi. 7 Nawe, nyana
woluntu! ndikwenzile umlindi kwindhlu
ka-Sirayeli; wauya kuva ilizwi ngomlomo
wami, ubayale kwa kumi. 8 Ndakuti
kokohlakeleyo: Wena ukohlakeleyo! uya
kufa ngennyaniso; ukuba akuteti ukum-
yala okohlakeleyo *aguquke* endhleleni
yake, lowo okohlakeleyo uya kufa etya-
leni lake, negazi lake ndolibiza esandhleni
sako. 9 Kodwa nxa umyala okohlakeleyo
ngendhlela yake ukuba aguquke kuyo,
kanti akaguquki endhleleni yake; uya
kufa yena etyaleni lake, nawe uhlangule
umpefumlo wako.

10 Ngako wena, nyana woluntu! yiti
kwindhlu ka-Sirayeli: Kungokunje ni-
tshoyo, nisiti: Nxa izigqito zetu nezono
zetu zipezu kwetu, siti tina singcungcuteke
kuzo, sesiya kuti nina ke ukubudhla
ubomi? 11 Yiti kubo: Ndihleli nje mina,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA, anditandi ukufa
kwokohlakeleyo, koko *nditanda* ukuguquka
kwokohlakeleyo endhleleni yake, ukuba
adhle ubomi: guqukani, guqukani kuzo
indhlela zenu ezikohlakeleyo; ngokuba
kunganina ukuba niya kufa, ndhlu ka-Sira-
yeli! 12 Ngako wena, nyana woluntu!
yiti kulo usapo lwabantu bako: Ukulunga
kwolungileyo akuyi kumhlangula ngomhla
wesigqito sake; nokukohlakala kwokohla-
keleyo, akayi kuwa ngako ngomhla agu-
qukayo ekukohlakaleni kwake; kanjalo
olungileyo akayi kuba nako ukudhla ubomi
ngako *ukulunga kwake*, ngomhla wokwona
kwake. 13 Ndakuti ngolungileyo: Uya
kubudhla ubomi ngennyaniso; ukuba uya-
tembela ekulungeni kwake, enze ubu-
menemene, konke ukulunga kwake akuyi
kukunjulwa; kodwa ngobumenemeno bako
abenzileyo, kwa ngabo uya kufa. 14 Ka-
njako ndakuti kokohlakeleyo: Uya kufa



University of Fort Hare

ngennyaniso; ukuba uyaguquka esonweni
sake, enze okufanelekileyo nokulungileyo;
15 *ukuba* okohlakeleyo uyabuyisa isiba-
njiselwa, abuyekezele okupangiweyo, aha-
mbe emimisweni yobomi engenzi ubu-
menemene; uya kubudhla ubomi ngennya-
niso, akayi kufa. 16 Zonke izono zake
azenzileyo, aziyi kumkunjulelwa; oku-
fanelekileyo nokulungileyo ukwenzile, uya
kubudhla ubomi ngennyaniso. 17 Noko,
usapo lwabantu bako luti: Indhlela YEN-
KOSI ayilungelelene. Kanti bona, indhlela
yabo ayilungelelene. 18 Nxa olungileyo
aguquka ekulungeni kwake, enze ubu-
menemene, uya kufa kwa ngabo. 19 Na-
xeshekweni okohlakeleyo aguquka ekuko-
hlakaleni kwake, enze okufanelekileyo
nokulungileyo, ngako oku yena uya ku-
budhla ubomi. 20 Noko niti: Indhlela
YENKOSI ayilungelelene. Abanye ngabanye
njengendhlela zabo ndiya kunigweba, ndhlu
ka-Sirayeli!

21 KWABEKUTE ngomnyaka weshumi
elinesibini wokutinjwa kwetu, ngeyeshumi
*innyanga*, ngowesihlanu *umhla* wennyanga,
kweza kufika kumi osindileyo e-Yeru-
saleme, esiti: Isixeko sibetiwe. 22 Saye
isandhla SIKAYEHOVA sibe sipezu kwami
ngokuhlwa, engekafiki lowo usindileyo;
nomlomo wami wabewuvulile wada wafika
kumi ngokusa; kwa njalo umlomo wami
wavulwa, ndabendingabi sesisidenge.
23 Laza ilizwi LIKAYEHOVA leza kumi,
lisiti: 24 Nyana woluntu! abemi be-
zondawo zicitakeleyo ezisemhlabeni wa-
kwa-Sirayeli batsho besiti: u-Abrahame
wabemnye, waza walifuya ilizwe; kanti
tina sibaninzi, ilizwe linikiwe kuti libe
yimfuyo. 25 Ngako oko yiti kubo:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: *Innyama*
inegazi niyayidhla, namehlo enu niya-
wapakamisela kwizitixwana zenu, negazi
niyalipalaza; seniya kufuya ilizwe na?
26 Nimi pezu kwerele lenu, niyenza into
ebuntshontsho, nabanye ngabanye umfazi
wommelwane wabo niyamncolisa; seniya
kufuya ilizwe na? 27 Yitsho kubo ukuti:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ndihleli
nje mina, abo basezindaweni ezicitakeleyo
bowa ngerele, nalowo osezindhleni ndiya
kumnika kumaramnewa adhliwe, nabo
basezinnqatyeni nasemiqolombeni baya
kufa ngesifo esibubisayo. 28 Ndandiya
kulenza ilizwe libe yingcitakalo nentsha-
balalo, liti iratshi lamandhla alo lipele;
kanjako intaba zakwa-Sirayeli zoba 'bu-
gxwayiba, kuze kungabiko ocanda *kuzo*.
29 Baya kwandula bakwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA, ndakulenza ilizwe libe
yingcitakalo nentshabalalo, ngenuxa yazo
zonke izinto ezibuntshontsho zabo, aba-
zenzileyo.

30 Nawe, nyana woluntu! usapo lwa-
bantu bako luyancokola ngawe ngasezindo-
ngeni naseminyangweni yezindhlu; omnye
uyateta kwomnye, umntu kummelwane
wake, esiti: Manize ke, nive liyinina
ilizwi elivela KUYEHOVA. 31 Bandule beze
kuwe njengokuza kwabantu, bahlale pantsi
ebusweni bako *njenga*bantu bami, beve
amazwi ako, kodwa abawenzi; ngokuba
bona ngomlomo wabo besenza njengaba-
tandayo kakulu, *kanti* inkliziyo yabo iya-
hamba emva kwenzuzo yabo ekohlakeleyo.
32 Nawe, bona ke, unjengengoma yaba-
tandi kubo, olizwi limnandi, nolungisa
ukubeta isiculiso; ngokuba besiva amazwi
ako, kodwa abawenzi. 33 Ekufikeni kwoku,
(nanku kusiza,) baya kwandula bakwazi
okokuba umprofite ebepakati kwabo.

34 LALEKELA leza kumi ilizwi LIKA-
YEHOVA, lisiti: 2 Nyana woluntu!
profitesha ngakubo abalusi bakwa-Sira-
yeli; profitesha, uti kubo, kubalusi:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Makube
nzima kubo abalusi bakwa-Sirayeli aba-
zidhlisa bona! Abalusi ngebengazidhlisi
igusha na? 3 Inqata niyalidhla, noboya
niyavata ngabo; ezityetyisiweyo niya-
zixèla; *kodwa* igusha anizidhlisi. 4 Ezi-
butataka anizomelezanga, nefayo aniyipili-
sanga, neyapukileyo aniyibopanga, negxo-
tiweyo aniyibuyisanga, nelahlekileyo ani-
yifunanga; koko nizipete ngamandhla,
nangobulukuni. 5 Zaba lusali, ngokuba
engeko umalusi; zaba kukutya kuwo onke
amaramnewa asendhle kanjalo, zakuba
lusali. 6 Igusha zami zadungudela kuzo
zonke intaba, napezu kwazo zonke induli
ezinde; ewe igusha zami zaba lusali pezu
kwobuso bonke bomhlaba, kungeko obu-
zayo, kungeko nofunayo.
7 Ngako oko, nina 'balusi! yivani ilizwi
LIKAYEHOVA: 8 Ndihleli nje mina, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA, ngennyaniso ngoko-
kuba igusha zami zaba lixoba, nokuba
igusha zami zaba kukutya kuwo onke
amaramnewa asendhle, ngokuba engeko



University of Fort Hare

umalusi, nokuba abalusi bami benga-
buzeli igusha zami, kodwa abalusi bayazi-
dhlisa bona, negusha zami abazidhlisi;
9 ngako oko, nina 'balusi! yivani ilizwi
LIKAYEHOVA: 10 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Bona ke, ndingakubo abalusi;
negusha zami ndiya kuzibiza esandhleni
sabo, ndenze bayeke ukuzidhlisa igusha;
kanjako abalusi abayi kubuya bazidhlise
bona; ngokuba ndiya kuhlangula igusha
zami emlonyeni wabo, zize zingabi kuku-
tya kubo.

11 Ngokuba isitsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Bona ke, ndiya kuti mina, ndi-
buzele igusha zami, ndizifunisele kanjalo.
12 Njengokuba umalusi efunisela umhla-
mbi wake, emhleni akoyo pakati kwegusha
zake ezipangaleleyo, ndiya kwenje njalo
ukufunisela igusha zami; ndandiya kuzi-
hlangula kuzo zonke indawo, apo zitiwe
sa kona emhleni wamafu nobumnyama.
13 Ndandiya kuzipumisa ezizweni, ndi-
zibute emazweni, ndizizise emhlabeni
wazo, ndizidhlise ezintabeni zakwa-Sira-
yeli, ezintilini, nakuzo zonke indawo ezimi-
weyo zelizwe. 14 Kwelilungileyo idhlelo
ndozidhlisa, napezu kwentaba ezinde za-
kwa-Sirayeli siya kubako isikundhla sazo;
kona apo ziya kubutuma esikundhleni
esilungileyo, na*kulo* idhlelo elityebileyo
ziya kudhla, ezintabeni zakwa-Sirayeli.
15 Ndiya kudhlisa igusha zami, ndandiya
kuzibutumisa, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
16 Elahlekileyo ndoyifuna, negxotiweyo
ndoyibuyisa, neyapukileyo ndoyibopa, ne-
butataka ndiya kuyomeleza; kodwa etye-
bileyo neyomeleleyo ndozitshabalalisa,
ndiya kudhlisa zona ngomgwebo.

17 Nani, zigusha zami! itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke, ndigweba
pakati kwenkomo ezinncinane nenkomo
ezinncinane, pakati kwenkunzi zegusha
nenkunzi zebokwe. 18 Kuyinto ennci-
nane na kuni, ukuba niyadhla idhlelo eli-
lungileyo, nize ninyatele isisalela sama-
dhlelo enu ngennyawo zenu; nokuba
niyasela kuwo amanzi anzulu, nize niwe-
nze 'budaka aseleyo ngennyawo zenu?
19 Negusha zami, okunyatelweyo ngen-
nyawo zenu ziyakudhla, nokwenziwe 'bu-
daka ngennyawo zenu ziyakusela.

20 Ngako oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA
kuzo ukuti: Bona ke, ndiya kuti mina,
ndigwebe pakati kwenkomo ezinncinane
ezityebileyo nenkomo ezinncinane ezibi-
tyileyo. 21 Ngennxa yokuba nisunduzile
ngecala nangegxalaba, nokuba ninqubile
zonke ezibutataka ngempondo zenu, nada
naziti sa ngasendhle; 22 ngako ndiya ku-
sindisa igusha zami, zize zingabi selixoba;
ndandiya kugweba pakati kwenkomo ezin-
ncinane nenkomo ezinncinane. 23 Nda-
ndiya kumisa pezu kwazo umalusi emnye,
oya kuzidhlisa, isicaka sami u-Davide;
yena wozidhlisa, kanjalo yena woba ngum-
alusi wazo. 24 Nami, 'YEHOVA, ndoba
NGUTIXO wazo; nesicaka sami, u-Davide,
soba yinkosi pakati kwazo: mina 'YEHOVA
nditetile. 25 Ndiya kulwenza nazo uce-
bano lwoxolo, ndiwapelise amaramncwa
elizweni; zaziya kuhlala enkiango ngoku-
nqaba, zilale emahlatini. 26 Ndandiya
kuzenza zona nennqele zenduli yami zibe
litamsanqa; ndonisa isipango ngexesha
laso; izipango zetamsanqa ziya kubako.
27 Wandule umti wasendhle unike uku-
qama kwawo, nomhlaba unike ukuxakata
kwawo, ziti zona zibeko emhlabeni wazo
ngokunqaba, zazi nokwazi ukuba mina
ndiNGUYEHOVA, ndakwapula izibonda zeyo-
kwe yazo, ndizihlangule esandhleni sabo
bazikonzisayo. 28 Kanjalo azisayi kuba
selixoba kubaheyideni, namaramncwa om-
hlaba akayi kuzidhla; koko ziya kuhlala
ngokunqaba, kungeko okuya kuzoyikisa.
29 Ndandiya kuzivusela isityalwa sodumo;
aziyi kubuya zisuswe ngendhlala elizweni,
nehlazo labaheyideni aziyi kubuya zili-
twale. 30 Kwa njalo ziya kukwazi oko-
kuba mina 'YEHOVA, UTIXO wazo, ndinazo,
nokuba zona zingabantu bami, indhlu ka-
Sirayeli, itsho INKOSI ENGUYEHOVA. 31
Nani, zigusha zami, zigusha zedhlelo lami!
ningabantu nina; mina ndiNGUTIXO wenu,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

35 KANJAKO ilizwi LIKAYEHOVA leza
kumi, lisiti: 2 Nyana woluntu! beka
ubuso bako ngakuyo intaba yakwa-Sehire,
uze uprofiteshe ngakuyo, 3 uti kuyo:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke,
ndingakuwe, ntaba yakwa-Sehire! nda-
ndiya kwolula isandhla sami ngakuwe,
ndikwenze ube yingcitakalo nentshaba-
lalo. 4 Izixeko zako ndozenza amanxuwa,
nawe woba yingcitakalo; wanya kukwazi
okokuba mina ndiNGUYEHOVA. 5 Ngennxa
yokuba ubunobutshaba bakudala, nokuba
walweyelisela usapo luka-Sirayeli ngama-
ndhla erele, ngexesha lolishwa lalo, nge-



University of Fort Hare

xesha lenkohlakalo yesipelo: 6 ngako oko,
ndihleli nje mina, itsho INKOSI ENGUYEHOVA,
ngennyaniso ndokwenza ube ligazi, liti
igazi likuputume; ukuba ungatiyanga
igazi, kukona igazi liya kukuputuma. 7
Ndandiya kuyenza intaba yakwa-Sehire
ibe yingcitakalo nentshabalalo, ndinqamle
kwa kuyo odhlulayo nobuyayo. 8 Nen-
taba zake ndozizalisa ngabahlatyiweyo
bake; induli zako, nezihlambo zako, nazo
zonke intili zako, abahlatyiweyo ngerele
bowa kuzo. 9 Ndiya kukwenza ingcita-
kalo engunapakade, nezixeko zako zona
aziyi kumiwa; naniya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA. 10 Ngokokuba ute:
Ezizizwe zibini nalamazwe mabini oba
ngawami, siya kulifuya ke;—nakuba UYE-
HOVA ebeko kona; 11 ngako oko, ndihleli
nje mina, itsho INKOSI ENGUYEHOVA, sendiya
kwenza njengomsindo wako nanjengomona
wako, obusenza ngawo ngotiyo lwako nga-
kubo; ndandiya kwaziwa pakati kwabo,
okuya ndikugwebileyo. 12 Wauya ku-
kwazi okokuba mina 'YEHOVA ndizivile
zonke izigxeko zako, ozitetileyo ngakuzo
intaba zakwa-Sirayeli, usiti: Zicitakele,
zipiwe tina zibe kukudhla. 13 Kwa njalo
uzenzile mkulu ngakumi ngomlomo wako,
namazwi ako uwandisile ngakumi; ndivile
ke. 14 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Nxa kuvuya ilizwe lonke, ndiya kukwenza
ingcitakalo. 15 Njengokuba ubuvuyela
ilifa lendhlu ka-Sirayeli ngennxa yokuba
licitakele, ndiya kwenje njalo kuwe: woba
yingcitakalo, ntaba yakwa-Sehire! nayo
yonke i-Edome, yona yonke; babeya ku-
kwazi okokuba mina ndiNGUYEHOVA.

36 Kanjalo wena, nyana woluntu! profi-
tesha kuzo intaba zakwa-Sirayeli, uti:
Zintaba zakwa-Sirayeli! yivani ilizwi LI-
KAYEHOVA. 2 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA u-
kuti: Ngokokuba utshaba lute pezu kwe-
nu: Tshotsho! kwa imimango engunapa-
kade iyeyetu ibe yimfuyo! 3 ngako oko
profitesha uti: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Ngokuba, *ewe* ngokokuba benicita-
kalisile, nokuba beniginyile ngamacala
onke, ukuze nibe yimfuyo kwisisalela saba-
heyideni, nokuze nitatyatelwe emlonyeni
womshwabuli, niyinklebo yabantu nje; 4
ngako oko, zintaba zakwa-Sirayeli! yivani
ilizwi LENKOSI LIKAYEHOVA: Itsho INKOSI
ENGUYEHOVA kuzo intaba nakuzo induli,
kuzo intili nakuzo izihlambo, nakuwo ama-
uxuwa acitakeleyo, nakuzo izixeko ezishi-
yiweyo, ezaba yinto yokupangwa neyoku-
gculelwa kwisisalela sabaheyideni aba-
ngqongayo: 5 ngako oko itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Ngennyaniso ngomlilo
wobukwele bami nditetile ngakuso isisalela
sabaheyideni, nangakuyo i-Edome yonke;
abo balimisileyo ilizwe lami libe yimfuyo
kubo, ngokuvuya kwenkliziyo yonke, ngo-
kucekisa kwompefumlo, ukuze balipange
libe lixoba. 6 Ngako oko profitesha pezu
kwelizwe lakwa-Sirayeli, uti kuzo intaba
nakuzo induli, kuzo intili nakuzo izihla-
mbo: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Bona ke, nditetile ngobukwele bami na-
ngoburalarume bami, ngennxa yokuba ni-
litwele ihlazo labaheyideni. 7 Ngako oko
itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ndipaka-
misile isandhla sami, *ukuti:* Ngennyaniso
abaheyideni abaningqongayo, bona baya
kutwala ihlazo labo. 8 Kodwa nina, zin-
taba zakwa-Sirayeli! niya kunika ama-
sebe enu, nesiqamo senu niya kusihlanzela
abantu bami o-Sirayeli; ngokuba sebeku-
fupi ukuza. 9 Ngokuba, bona ke, ndinge-
cala lenu, ndandiya kubeka kuni, naniya
kulinywa nihlwayelwe nokuhlwayelwa.
10 Kanjalo ndiya kwandisa pezu kwenu
abantu, yonke indhlu ka-Sirayeli, yona
yonke; ziya kuti izixeko zimiwe, nen-
dawo ezicitakeleyo zakiwe. 11 Ewe ndiya
kwandisa pezu kwenu abantu nezilo, abaya
kwanda, bacume nokucuma; ndandiya ku-
nihlalisa njengokwapambili ukumila kwe-
nu, ndi*n*enzele okulungileyo ngapezu kwo-
kwokuqala kwenu; naniya kukwazi oko-
kuba mina ndiNGUYEHOVA. 12 Ndaye
ndiya kubenza abantu bahambe pezu kwe-
nu, abantu bami o-Sirayeli; abaya kuku-
fuya, wauya kuba lilifa labo, uze ungapindi
kanjako ukubahluta abantwana. 13 Itsho
INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Ngennxa yokuba
besiti kuni: *Ulilizwe* elidhlayo abantu,
nelihlutayo izizwe zako abantwana; 14
ngako oko abantu akuyi kubuya ubadhle,
nezizwe zako akuyi kubuya uzihlute aba-
ntwana, itsho INKOSI ENGUYEHOVA. 15 Nda-
ndiya kwenza ukuba kungabuyi kuviwe
kuwe ihlazo labaheyideni, nesigxeko sen-
klanga akuyi kubuya usitwale; kanjako
izizwe zako akuyi kubuya uzikùbekise,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

16 LABUYA leza kumi ilizwi LIKAYE-
HOVA, lisiti: 17 Nyana woluntu! indhlu
ka-Sirayeli, bakuhlala emhlabeni wabo,



University of Fort Hare

bandula bancolisa wona ngendhlela yabo
nangezenzo zabo; indhlela yabo ibisebu-
sweni bami njengokuncola kwomfazi owa-
hlukeneyo. 18 Ngako ndatulula ubura-
larume bami pezu kwabo, ngennxa yegazi
ababelipalazile elizweni, nangennxa yezi-
tixwana zabo *a*babelincolisile *ngazo.* 19
Ndaza ndabati sa pakati kwabaheyideni,
bacitwa pakati kwamazwe: ngokwendhlela
yabo nangokwezenzo zabo ndabagweba. 20
Bati bakufika kubaheyideni, apo baya kona,
bandula balidyoba igama lami elingcwele,
ekubeni bekusitwa kubo: Ngabantu BAKA-
YEHOVA aba, nakulo ilizwe lake bapumile.
21 Kodwa ndabendinosizi ngennxa yegama
lami elingcwele, eyabite indhlu ka-Sira-
yeli yalidyoba pakati kwabaheyideni, apo
bafika kona.

22 Ngako oko yiti kuyo indhlu ka-Sira-
yeli: Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Akungennxa yenu endikwenza *oku*, ndhlu
ka-Sirayeli! koko kungennxa yegama lami
elingcwele, enilidyobileyo pakati kwaba-
heyideni, apo nifikile kona. 23 Ndandiya
kungcwalisa igama lami elikulu, elidyoji-
weyo pakati kwabaheyideni, enilidyobileyo
pakati kwabo; baye abaheyideni beya ku-
kwazi okokuba mina ndiNGUYEHOVA, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA, ndakungcwaliswa kuni
pambi kwamehlo abo. 24 Ngokuba ndiya
kunitabata kubaheyideni, ndinibute ema-
zweni onke, ndinizise kowenu umhlaba.
25 Ndandiya kutshiza pezu kwenu amanzi
amhlope, naniya kuhlambuluka; kuko
konke ukuncola kwenu, nakuzo zonke izi-
tixwana zenu, ndonihlambulula. 26 Ka-
njalo ndoninika inkliziyo entsha, nommoya
omtsha ndowubeka pakati kwenu; nda-
ndiya kususa inkliziyo yelitye ennyameni
yenu, ndininike inkliziyo yennyama. 27
Nomoya wami ndiya kumbeka pakati
kwenu, ndenze ukuba nihambe emimisweni
yami; nezigwebo zami niya kuzigcina, ni-
zenze. 28 Naniya kuhlala elizweni enda-
linikayo koyihlo benu; niya kuba ngaba-
ntu bami, nami ndoba NGUTIXO wenu. 29
Kanjako ndonisindisa kuko konke uku-
ncola kwenu: ndobizela innqolowa, nditi
yona ndiyandise, ndingayibeki pezu kwe-
nu indhlala. 30 Ndandiya kwandisa uku-
qama kwomti, nokuxakata kwentsimi;
ukuze ningabuyi namkelo ukugxekelwa
indhlala pakati kwabaheyideni. 31 Naniya
kukumbula indhlela zenu ezikohlakeleyo,
nezenzo zenu ezingalungileyo, nizidele
ngokwenu pezu kwenkohlakalo zenu na-
pezu kwezinto ezibuntshontsho zenu. 32
Akungennxa yenu endikwenza *oku*, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA, makwazeke kuni: yi-
bani nidanile nibe nenkloni ngazo indhlela
zenu, ndhlu ka-Sirayeli!

33 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Emhleni endinihlambululayo kuzo zonke
inkohlakalo zenu, sendiya kun*i*hlalisa ezi-
xekweni, nendawo ezicitakeleyo ziya kwa-
kiwa. 34 Nelizwe elibe libugxwayiba lona
liya kulinywa, endaweni yokuba libugxwa-
yiba emehlweni abo bonke abadhlulayo.
35 Baye beya kuti: Elilizwe, elibe libu-
gxwayiba, liba njengomyezo we-Hedeni;
nezixeko ezibe zibunxuwa, zibugxwayiba,
zicitiwe, zona zinqatyisiwe, zimiwe. 36
Baya kwandula bakwazi abaheyideni aba-
seleyo beningqonga, okokuba mina 'YEHOVA
ndiyakha indawo ezicitiweyo, ndityale leyo
ebibugxwayiba: mina 'YEHOVA nditetile,
ndandiya kwenza. 37 Itsho INKOSI ENGU-
YEHOVA ukuti: Ndoba ndisabuzelwa oku
yindhlu ka-Sirayeli, ukuba ndibenzele
kona; ndobandisa njengomhlambi ngaba-
ntu. 38 Njengomhlambi oyingcwele, nje-
ngomhlambi wase-Yerusaleme emitendele-
kweni yayo engcwele, kwa njalo izixeko
ezibunxuwa zoba zizele yimihlambi yaba-
ntu; baye beya kukwazi okokuba mina
ndiNGUYEHOVA.

37 SAYE sipezu kwami isandhla SIKAYE-
HOVA; wandipumisa ngomoya KAYE-
HOVA, wandibeka pantsi pakati kwetafa;
lona ke lalizele ngamatambo. 2 Waza
wandidhlulisa ngakuwo ngendawo yonke
engqongayo: kekaloku bona ke, ebemani-
nzi kakulu pezu kwobuso betafa; kanjalo
bona ke, ebomile kakulu. 3 Wayesiti
kumi: Nyana woluntu! aya kupila na
amatambo la? Ndaza ndati: NKOSI 'YE-
HOVA! wena uyazi. 4 Wabuya wati kumi:
Profitesha pezu kwamatambo la, uti kuwo:
Nina 'matambo omileyo! yivani ilizwi
LIKAYEHOVA. 5 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
kulamatambo ukuti: Bona ke, ndiya ku-
ngenisa kuni ummoya, naniya kupila. 6
Ndandiya kubeka imisipa pezu kwenu,
ndinyuse innyama pezu kwenu, ndinigu-
bungele ngenklonze, ndibeke kuni ummo-
ya, naniya kupila ke; naye niya kukwazi
okokuba mina ndiNGUYEHOVA. 7 Ndaza
ndaprofitesha njengokuba bendiyalelwa;
kwasuka kwabako isandi udakuprofitesha;



University of Fort Hare

kekaloku nanku ukungcangcazela, ati ama-
tambo asondelana, itambo kwitambo lalo.
8 Ndakangela ke, kekaloku nantsi imisipa
nennyama inyukile pezu kwawo, yati
inklonze yawagubungela ngapezulu; ko-
dwa ummoya ubungeko kuwo. 9 Wandula
wati kumi: Profitesha kummoya, profite-
sha, nyana woluntu! uti kummoya: Itsho
INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Vela, wena
'mmoya! kuyo imimoya mine, upefumle
pezu kwabo aba babuleweyo, baze bapile.
10 Ndaza ndaprofitesha njengokuba ebe-
ndiyalele; wandula ummoya wangena ku-
bo, bada bapila, bema pezu kwennyawo
zabo, impi enkulu kakulu kunene.
11 Waza wati kumi: Nyana woluntu!
lamatambo ayiyo yonke indhlu ka-Sirayeli:
bona ke, bati bona: Amatambo etu omile,
netemba letu libubile; sinqamkile tina.
12 Ngako oko profitesha uti kubo: Itsho
INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya
kuvula amancwaba enu, ndininyuse
kuwo amancwaba enu, bantu bami!
ndinizise emhlabeni wakwa-Sirayeli. 13
Naye niya kukwazi okokuba mina ndiNGU-
YEHOVA, ekuvuleni kwami amancwaba enu,
nasekuninyuseni kwami kuwo amancwaba
enu, bantu bami! 14 Ndandiya kubeka
kuni umoya wami, naniya kupila ke,
ndoti kanjalo ndinimise emhlabeni wenu;
naye niya kukwazi okokuba mina 'YE-
HOVA nditetile, ndenza nokwenza, utsho
UYEHOVA.

15 LABUYA leza kumi ilizwi LIKAYE-
HOVA, lisiti: 16 Kanjalo wena, nyana wo-
luntu! zitabatele intonga ibe 'nnye, ubàle
pezu kwayo *ukuti:* Yeka-Juda, neyosapo
luka-Sirayeli amakolwane ake; uze utabate
ennye intonga, ubàle pezu kwayo *ukuti:*
Yeka-Josefe,—intonga ka-Frayime, nayo
yonke indhlu ka-Sirayeli amakolwane ake.
17 Uze uzihlanganise ennye kwennye,
zibe yintonga 'nnye kuwe; zaziya kuba
innye esandhleni sako. 18 Naxeshekweni
lutshoyo kuwe usapo lwabantu bako, lu-
siti: Akuyi kusixelela na ziyinina ezi
kuwe? 19 Teta kulo, *uti:* Itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke, ndiya kuta-
bata intonga ka-Josefe esesandhleni sika-
Frayime, nezizwe zo-Sirayeli amakolwane
ake, ndandiya kuzibeka kunye nayo, ku-
nye nentonga ka-Juda, ndizenze zibe yin-
tonga 'nnye, zaziya kuba innye esandhleni
sami. 20 Kanjalo intonga obàlayo pezu
kwazo ziya kuba sesandhleni sako pambi
kwamehlo alo. 21 Uze utete kulo, *uti:*
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona
ke, ndiya kutabata usapo luka-Sirayeli
kwa pakati kwabaheyideni, apo luye kona,
ndilubute emacaleni onke, ndiluzise ko-
walo umhlaba. 22 Ndandiya kulwenza
lube sisizwe sinye elizweni pezu kwentaba
zakwa-Sirayeli; ukumkani emnye woba
ngukumkani kulo lona lwonke; alusayi
kuba sezizizwe zibini, kanjako aluyi ku-
buya lwahlulwe lube bubukumkani bubini
napakade. 23 Lwaye lungayi lubuya
luzincolise ngezitixwana zalo, nangezinto
zalo ezizondekileyo, nangazo zonke izi-
gqito zalo; koko ndiya kulusindisa kuzo
zonke indawo zokuhlala zalo, ezo lwoni-
leyo kuzo, ndiluhlambulule: kwa njalo
lona lwoba ngabantu kumi, nami ndoba
NGUTIXO kulo. 24 Isicaka sami u-Davide
soba ngukumkani pezu kwalo; umalusi
emnye wobako kulo lona lwonke; nasezi-
gwebeni zami luya kuhamba, nemimiso
yami lwoyigcina, luyenze nokuyenza. 25
Lwaluya kuhlala elizweni endalinikayo
kwisicaka sami ku-Yakobi, elo babehleli
kulo oyihlo benu; ewe luya kuhlala kulo,
lona nabantwana balo, nabantwana baba-
ntwana balo kude kube ngunapakade; no-
Davide, isicaka sami, yena woba yinkosi
yalo kude kube ngunapakade. 26 Kanjako
ndolwenza nalo ucebano lwoxolo; luce-
bano olungunapakade oluya kubako nalo;
ndandiya kulumisa, ndilwandiso, ndiyi-
beke indawo yami eyingcwele pakati
kwalo kude kube ngunapakade. 27 Neta-
banakele yami yona yoba pezu kwalo;
ndandiya kuba NGUTIXO walo, luti lona lube
ngabantu bami. 28 Baye abaheyideni
beya kukwazi okokuba mina 'YEHOVA ndi-
yabangcwalisa o-Sirayeli, nxa indawo yami
eyingcwele iya kubako pakati kwabo kude
kube ngunapakade.

38 LAYE ilizwi LIKAYEHOVA lisiza kumi,
lisiti: 2 Nyana woluntu! beka ubuso
bako ngakuye u-Goge welizwe lakwa-
Magoge, inkosi ye-Roshi, i-Mesheki, ne-
Tubali, uprofitesha ngakuye, 3 uti:
Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona
ke, ndingakuwe, Goge, nkosi ye-Roshi, i-
Mesheki, ne-Tubali! 4 ndandiya kukubu-
yisa, ndifake amaqeru emihlatini yako;
ndoti kanjalo ndikupumise wena nayo
yonke impi yako, amahashe nabakweli



University of Fort Hare

bamahashe, bonke bevatisiwe ngento ebu-
ngcwalisa, umhlambi omkulu unamakaka
namakakana, bepete amarele bonke: 5
ama-Peresiya, nama-Tiyopiya, nama-Pute
kunye nawo, enekakana nonnqwazi onke;
6 u-Gomere nawo onke amabandhla ake;
indhlu ka-Togama yasemacaleni asenode,
nawo onke amabandhla ake; abantu aba-
ninzi benawe. 7 Yiba ulungile, uzilungi-
sele, wena nawo wonke umhlambi wako
ohlanganiseneyo kuwe, uze ube ngumlindi
kubo. 8 Emveni kwemihla emininzi uya
kumiselwa; ekupeleni kweminyaka uya
kuza kwilizwe elibuyisiweyo ereleni, eli-
butiweyo ezizweni ezininzi, pezu kwentaba
zakwa-Sirayeli, ezibe zibugxwayiba futi;
elite lona lapunyiswa ezizweni, baza *abantu*
bahlala ngokunqaba bonke. 9 Uya ku-
nyuka ke, uya kuza njengalo uquta, woba
njengelifu ukugubungela ilizwe, wena na-
wo onke amabandhla ako, nabantu abaninzi
kunye nawe. 10 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA
ukuti: Kwakuya kuti ngomhla lowo, ziya
kunyuka izinto enkliziyweni yako, wauya
kuqinga iqinga elikohlakeleyo, 11 uti:
Ndonyuka ndiye ezweni lemizi, ndoza
kubo abasekwonwabeni, abahlala ngoku-
nqaba; abati bonke bahlale bengenando-
nga, kungeko imivalo nengcango kubo;
12 ukutimba itimbo, nokupanga impango;
ukusonga isandhla sako pezu kwamanxuwa
amiweyo *kanjako*, nangakubo abantu abahla-
nganisiweyo kubaheyideni, abaqwebileyo
inkomo nempahla, abahlala enkalweni ye-
lizwe. 13 I-Sheba, ne-Dedane, nabatengisi
base-Tareshishe, nazo zonke ingonyamana
zayo, baya kuti kuwe: Uze wena ukutimba
itimbo na? uhlanganisile umhlambi wako
ukupanga impango na? ukususa isilivere
negolide na? ukutabata inkomo nempahla
na? ukutimba itimbo elikulu na?

14 Ngako oko profitesha, nyana wolu-
ntu! uti kuye u-Goge: Itsho INKOSI ENGU-
YEHOVA ukuti: Ngalomhla okuya abantu
bami o-Sirayeli bahlala ngokunqaba, akuyi
kwazi na? 15 Uya kuza ke uvela enda-
weni yako, emacaleni asenode, wena naba-
ntu abaninzi kunye nawe, bekwele emaha-
sheni bonke, umhlambi omkulu, impi
eyinto enninzi: 16 wauya kunyuka nga-
kubo abantu bami o-Sirayeli, njengelifu,
ukugubungela ilizwe; ekupeleni kwemi-
hla kuya kubako; ndandiya kukuzisa nga-
kulo ilizwe lami, ukuze abaheyideni ba-
ndazi mina, ndakungcwaliswa kuwe, Goge!
pambi kwamehlo abo. 17 Itsho INKOSI
ENGUYEHOVA ukuti: Wena unguye na endi-
tetileyo ngaye emihleni yakudala, ngesa-
ndhla sezicaka zami abaprofite bakwa-
Sirayeli, abaprofiteshayo kwelomihla, imi-
nyaka *mininzi*, ukuba ndiya kukuzisa nga-
kubo?

18 Kwaye kuya kuti ngomhla lowo,
ngomhla aya kuza u-Goge pezu kwomhlaba
wakwa-Sirayeli, itsho INKOSI ENGUYEHOVA,
buya kunyuka uburalarume bami empu-
mlweni yami. 19 Ngokuba ngobukwele
bami, ngomlilo womsindo wami, nditetile
*ukuti:* Ngennyaniso ngomhla lowo kuya
kubako ukungcangcazela okukulu emhla-
beni wakwa-Sirayeli! 20 zaziya kungca-
ngcazela pambi kwami inklanzi zolwa-
ndhle, nentaka zezulu, nezilo zasendhle,
nazo zonke izinambuzane ezinambuzelayo
emhlabeni, nabo bonke abantu abapezu
kwobuso bomhlaba; kanjalo intaba ziya
kucitwa, namawa aya kuwa, nazo zonke
indonga zowa ngasemhlabeni. 21 Nda-
ndiya bubizela irele ngakuye kuzo zonke
intaba zami, itsho INKOSI ENGUYEHOVA;
irele lomnye loba ngakuye umlingane
wake. 22 Ndandiya kupika naye ngesifo
esibubisayo nangegazi; nemvula ekuku-
layo, nezicoto ezikulu, nomlilo, nesufure,
ndozinisa pezu kwake, napezu kwamaba-
ndhla ake, napezu kwabantu abaninzi aba-
naye. 23 Kwa njalo ndiya kuzenza mkulu,
ndizingcwalise; ndandiya kwazeka pambi
kwamehlo ezizwe ezininzi, eziya kukwazi
okokuba mina ndiNGUYEHOVA.

39 Ngako wena, nyana woluntu! profi-
tesha ngakuye u-Goge, uti: Itsho IN-
KOSI ENGUYEHOVA ukuti: Bona ke, ndinga-
kuwe, Goge, nkosi ye-Roshi, i-Mesheki,
ne-Tubali! 2 ndandiya kukubuyisa, ndi-
kukape, ndikunyuse emacaleni asenode,
ndikuzise pezu kwentaba zakwa-Sirayeli.
3 Ndandiya kusiti kahla isipeta sako esa-
ndhleni sako sokohlo, nentolo zako ndo-
ziwisa esandhleni sako sokunene. 4 Pezu
kwentaba zakwa - Sirayeli uya kuwa,
wena, nawo onke amabandhla ako, naba-
ntu abanawe; ndokunika kwintakakazi
zamapiko onke, nakumaramncwa asendhle,
ube kukudhla. 5 Pezu kwobuso belizwe
uya kuwa; ngokuba nditetile mina, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA. 6 Ndandiya kutuma
umlilo kwa-Magoge, napakati kwabo aba-
hlala eziqitini ngokunqaba; babeya ku-
kwazi okokuba mina ndiNGUYEHOVA. 7 Ne-



University of Fort Hare

gama lami elingcwele ndolazisa pakati
kwabantu bami o-Sirayeli; ndandingayi
kubuya ndilidyobe igama lami elingcwele :
baye abaheyideni beya kukwazi okokuba
mina ndiNGUYEHOVA, oyingcwele kwa-Sira-
yeli. 8 Bona ke, kuyeza, kuya kwenziwa
kanjalo, itsho INKOSI eNGUYEHOVA ; nguwo
umhla enditetileyo ngawo. 9 Baya kwa-
ndula bapume abemi bezixeko zakwa-
Sirayeli, bapembe *umlilo*, babase ngazo izi-
xòbo, kwa amakakana namakaka, ngezi-
peta nangentolo, ngengcola nangentshu-
ntshe, bapembe umlilo ngazo iminyaka
isixenxe ; 10 baze bangatezi inkuni ezin-
dhleni, bangazigauli emahlatini kanjalo,
ngokuba beya kupemba umlilo ngezixòbo ;
babeya kutimba abo babetimba bona, ba-
pange abo babepanga bona, itsho INKOSI
eNGUYEHOVA.
11 Kwakuya kuti ngomhla lowo, ndiya
kunika u-Goge indawo kona yamancwaba
kwa-Sirayeli, isihlambo sabadhluli nga-
sempumalanga yolwandhle, esiya kubambe-
zela abadhluli ; babeya kuncwaba kona
u-Goge naso sonke isihlwele sake, basibize
ngokuti sisihlambo se-Hamone-goge.*
12 Zoba zinnyanga ezisixenxe indhlu ka-
Sirayeli iya kubancwaba, ukuze kucokiswe
ilizwe. 13 Ewe, bonke abantu belizwe
baya kuncwaba, okuya kuba ludumo kubo,
mhlana ndiya kwenzelwa ubungcwalisa,
itsho INKOSI eNGUYEHOVA. 14 Babeya kuba-
lula amadoda afuti emsebenzini, edhlula
elizweni, ebancwaba kunye nabadhluli
abo baseleyo pezu kwobuso belizwe, alico-
kise : ekupeleni kwennyanga ezisixenxe
aya kupengulula. 15 Kwoti bakudhlula
abadhluli elizweni, nxa kubonwa itambo
lomntu, kwandule kumiswe ngakulo intsi-
ka, bade abancwabi balincwabe esihla-
njeni se-Hamone-goge. 16 Nakanjako
igama lesixeko *sakona* soba yi-Hamona.
Kwa njalo baya kucokisa ilizwe.
17 Nawe, nyana woluntu! itsho INKOSI
eNGUYEHOVA ukuti : Yiti kuzo intaka zama-
piko onke, nakuwo onke amaramncwa
asendhle : Butani nize ke, zihlanganiseni
ngamacala onke ukuza embingweni wami
endiwubingela nina, umbingo omkulu pezu
kwentaba zakwa-Sirayeli ; naniya kuyidhla
innyama, nisele igazi. 18 Innyama yama-
roti niya kuyidhla, negazi lenkosana
zomhlaba nolisela ; elenkunzi zegusha,
nemvana, nebokwe, nenkabi, zizezityebileyo
zase-Bashane zonke. 19 Niya kulidhla
inqata nide nihlute, nisele igazi nide
ninxile, kumbingo wami endiwubingela
nina. 20 Naniya kuhluta esitebeni sami
ngamahashe nabakweli, ngamaroti nawo
onke amadoda okulwa, itsho INKOSI eNGUYE-
HOVA.
21 Ndandiya kumisa ubungcwalisa bami
pakati kwabaheyideni; baye bonke aba-
heyideni beya kubona umgwebo wami
endiwenzileyo, nesandhla sami endisibe-
kileyo pezu kwabo : 22 ize indhlu ka-
Sirayeli yazi ukuba mina ndiNGUYEHOVA,
UTIXO wabo, kwa kuwo umhla lowo nange-
xesha elizayo : 23 bati nabaheyideni bazi
ukuba indhlu ka-Sirayeli yabifuduswa
ngennxa yenkohlakalo yabo, ngennxa yo-
kuba bebegqitile ngakumi, ndaza ndaba-
fihlela ubuso bami, ndabanikela esandhleni
sentshaba zabo, bada bawa ngerele bona
bonke. 24 Njengokwokuncola kwabo na-
njengokwezigqito zabo ndenzile kubo, nda-
bafihlela ubuso bami.
25 Noko ke, itsho INKOSI eNGUYEHOVA
ukuti : Kaloku ndiya kubuyisa ukutinjwa
kuka-Yakobi, ndiyipate ngetaru yonke
indhlu ka-Sirayeli, ndibe nobukwele pezu
kwegama lami elingcwele ; 26 bakuba
betwele ihlazo labo, nabo bonke ubume-
nemene babo abenzileyo ngabo ngakumi,
okuya babehleli emhlabeni wabo ngoku-
nqaba, kungeko namnye obeboyikisa.
27 Nxa ndibabuyisile ebantwini, ndaba-
buta emazweni entshaba zabo, nanxa ndi-
ngcwalisiwe kubo pambi kwamehlo ezizwe
ezininzi ; 28 baya kwandula bakwazi oko-
kuba mina ndiNGUYEHOVA, UTIXO wabo,
ekubeni bendibafudusela kubaheyideni,
koko *ndibuye* ndabahlanganisela emhlabeni
wabo, ndingasasalisanga 'mntu kubo kona.
29 Ndaye ndingasayi kubafihlela ubuso
bami, oko ndigaleleyo umoya wami pezu
kwendhlu ka-Sirayeli, itsho INKOSI eNGUYE-
HOVA.

40 NGOMNYAKA wamashumi mabini
anesihlanu wokufuduswa kwetu, eku-
qaleni kwomnyaka, ngoweshumi *umhla*
wennyanga, ngomnyaka weshumi linesine
emveni kwokuba isixeko sabetwa, ngokwa
nguwo umhla lowo isandhla SIKAYEHOVA
sibe sipezu kwami, waza wandizisa kona.
2 Emibonisweni KATIXO wandizisa eli-
zweni lakwa-Sirayeli, wandibeka pantsi

* *Oko kukuti :* sesihlwele sika-Goge.



University of Fort Hare

entabeni ende kakulu, ebekupezu kwayo
njengesakiwo sesixeko ngasesuyide. 3 Wa-
za wandizisa kona ; kekaloku nantsiya
indoda, ekubonakala bekunjengokubona-
kala kwexina, inentsoutelo yefelase esa-
ndhleni sayo, nengcongolo yokulinganisa,
eyema esangweni. 4 Yaza yateta kumi
indoda leyo, isiti : Nyana woluntu ! kangela
ngamehlo ako, uve ngendhlebe zako, ube-
ke inkliziyo yako kuko konke endiya
kukubonisa ; ngokuba kungennxa yokubo-
niswa kwako uzisiwe apa : kuxele konke
okubonayo kwindhlu ka-Sirayeli.

5 Kekaloku nalu udonga ngapandhle
kwendhlu ngokuti ngqonga, nasesandhleni
salondoda ingcongolo yokulinganisa, izi-
kubite zintandatu ngekubite nobubanzi
besandhla ; yaza yalinganisa ububanzi
besakiwo, ingcongolo innye, nobupakamo
*baso*, ingcongolo innye.

6 Yandula yeza esangweni elibonana
nempumalanga, yenyuka ngezinyukelo zalo,
yalinganisa umnyango wesango, ingcongolo
innye ububanzi *bawo*, kwa umnyango
umnye, ingcongolo innye ububanzi *bawo* ;
7 nendhlwana, ingcongolo innye ubude
*bayo*, nengcongolo innye ububanzi *bayo* ;
napakati kwazo indhlwana, ikubite zin-
klanu ; nomnyango wesango ngecala len-
tendelezo yesango ngapakati, ingcongolo
innye. 8 Yalinganisa nentendelezo ye-
sango ngapakati, ingcongolo innye. 9 Ya-
ndula yalinganisa intendelezo yesango,
ikubite zisibozo ; nezibonda zayo, ikubite
zimbini ; nentendelezo yesango ngapa-
kati. 10 Nendhlwana zesango ngasempu-
malanga, bezintatu ngelinye icala, bezi-
ntatu nangelinye icala ; bezinomlinga-
niswa 'mnye zontatu ; kanjalo izibonda
bezinomlinganiswa 'mnye ngelicala nange-
liya. 11 Yaza yalinganisa ububanzi bo-
cango lwesango, ikubite zilishumi ; ubude
besango bebuzikubite zilishumi linesitatu.
12 Kwaye kuko pambi kwazo indhlwana
umda wekubite innye *ngelinye icala*,
nomda wekubite innye ngelinye icala ;
ezondhlwana ngazinnye zibe zizikubite
zintandatu ngelicala, nekubite zintandatu
ngeliya. 13 Yandula yalinganisa isango
kwa kuyo intungo yennye indhlwana
kwada kwakuyo intungo yennye ; ubu-
banzi bebuzikubite ezingamashumi mabini
ananklanu, ncango lulunge nocango.
14 Yayizenza izibonda, ikubite ezingama-
shumi matandatu, kwada kwakuso isibonda
sebala elingqonga isango. 15 Nangapambi
kwesango lokungena, ngapambi kwen-
tendelezo yesango lapakati, ikubite ezi-
ngamashumi mahlanu. 16 Kwaye kuko
ifenstile ezivaliweyo kuzo indhlwana,
nakuzo izibonda zazo pakati kwesango
ngokuti ngqonga ; nakuzo intendelezo
kanjalo ; kwako nefenstile ngento engqo-
ngayo ngapakati, napezu kwezibonda
imiti yepalime.

17 Yaza yandizisa ebaleni langapandhle ;
kekaloku nanzi inkambili, nesandhlalwa
samatye senzelwe ibala ngento engqo-
ngayo : bekuko inkambili ezingamashumi
matatu pezu kwesandhlalwa eso. 18 Ke-
kaloku isandhlalwa samatye besingecala
lamasango, silunge nobude bamasango ;
sisesasezantsi isandhlalwa samatye *esi*.
19 Yandula yalinganisa ububanzi kwa
kuwo umpambili wesango lasezantsi, pambi
kwebala lapakati ngapandhle, ikulu leku-
bite, ngasempumalanga nangasenode.

20 Nesango lebala lapandhle, elibonana
nenode, yalinganisa ubude balo nobubanzi
balo. 21 Nendhlwana zalo, bezintatu
ngelinye icala, bezintatu nangelinye icala ;
izibonda zalo nentendelezo zalo zibe zinje-
ngomlinganiswa wesango lokuqala ; ziku-
bite ezingamashumi mahlanu ubude balo,
nobubanzi zikubite ezingamashumi mabini
ananklanu. 22 Ifenstile zalo, nentendelezo
zalo, nemiti yepalime yalo, bezinjengom-
linganiswa wesango elibonana nempu-
malanga ; kwenyukelwa kulo ngezinyu-
kelo zisixenxe, intendelezo zalo zipambi
kwazo. 23 Isango lelapakati ibala libe
lilunge nesango ngasenode, nangasempu-
malanga ; yaza yalinganisa kwa kulo *elinye*
isango kwada kwakulo *elinye* isango ikulu
lekubite.

24 Yandula yandihambisa ngasesuyide ;
kekaloku nali isango ngasesuyide ; yaza
yalinganisa izibonda zalo nentendelezo
zalo, njengemilinganiswa leyo. 25 Kwaye
kuko ifenstile kulo nakuzo intendelezo
zalo ngokuti ngqonga, njengefenstile ezo :
ubude bebuzikubite ezingamashumi ma-
hlanu, nobubanzi bebuzikubite ezimashumi
mabini ananklanu. 26 Ukunyukelwa
kwalo bekungezinyukelo zisixenxe, nente-
ndelezo zalo bezipambi kwazo ; laye line-
miti yepalime omnye ngelicala nomnye
ngeliya icala, pezu kwezibonda zalo.
27 Bekuko nesango kwelapakati ibala
ngasesuyide ; yaza yalinganisa kwa kulo



University of Fort Hare

*elinye* isango kwada kwakulo *elinye* isango
ikulu lekubite.
28 Yandula yandizisa ebaleni lapakati
ngesango lasesuyide; yaza yalinganisa isa-
ngo lasesuyide, njengemilinganiswa leyo.
29 Indhlwana zalo, nezibonda zalo, nente-
ndelezo zalo, zibe zinjengemilinganiswa
leyo; kwaye kuko ifenstile kulo nakuzo
intendelezo zalo ngokuti ngqonga: ubude
bebuzikubite ezingamashumi mahlanu, no-
bubanzi bebuzikubite ezimashumi mabini
ananklanu. 30 Kwaye kuko intendelezo
ngento engqongayo; ubude bebuzikubite
ezimashumi mabini ananklanu, nobubanzi
bebuzikubite zinklanu. 31 Intendelezo
zalo bezingakulo ibala langapandhle; ka-
njalo imiti yepalime ibipezu kwezibonda
zalo; nokunyukelwa kwalo bekungezinyu-
kelo zisibozo.
32 Yandula yandizisa ebaleni lapakati
ngasempumalanga; yaza yalinganisa isa-
ngo njengemilinganiswa leyo. 33 In-
dhlwana zalo, nezibonda zalo, nentendelezo
zalo, zibe zinjengemilinganiswa leyo; kwa-
ye kuko ifenstile kulo nakuzo intendelezo
zalo ngokuti ngqonga: ubude bebuziku-
bite ezingamashumi mahlanu, nobubanzi
bebuzikubite ezimashumi mabini anankla-
nu. 34 Intendelezo zalo bezingakulo ibala
langapandhle; kanjalo imiti yepalime ibi-
pezu kwezibonda zalo, ngelicala nange-
liya; nokunyukelwa kwalo bekungezinyu-
kelo zisibozo.
35 Yandula yandizisa esangweni lase-
node, yalinganisa njengemilinganiswa le-
yo. 36 Indhlwana zalo, izibonda zalo,
nentendelezo zalo, nefenstile ezikulo ngo-
kuti ngqonga; ubude bebuzikubite ezi-
ngamashumi mahlanu, nobubanzi bebuzi-
kubite ezimashumi mabini ananklanu. 37
Izibonda zalo bezingakulo ibala langapa-
ndhle; kanjalo imiti yepalimo ibipezu kwe-
zibonda zalo, ngelicala nangeliya; nokunyu-
kelwa kwalo bekungezinyukelo zisibozo.
38 Kwaye kuko inkambili nengcango
zazo ngakuzo izibonda zamasango; kona
apo bekuhlanzwa idini lokutshiswa. 39
Nasentendelezweni yesango bekuko itafile
zimbini ngelicala, netafile zimbini ngeliya
icala, kuze kuxèlwe pezu kwazo idini lo-
kutshiswa, nedini lesono, nedini letyala.
40 Nasecaleni langapandhle, ekunyukeni
ukuya elucangweni lwesango lasenode,
bekuko itafile zimbini; nakwelinye icala,
elelisentendelezweni yesango, bekuko ita-
file zimbini. 41 Bekuko itafile zinne nge-
licala, netafile zinne ngeliya, ngasecaleni
lesango; itafile zisibozo ebekuxèlwa pezu
kwazo. 42 Netafile zonne zedini loku-
tshiswa bezizezamatye aqandulweyo, ubude
buyikubite innye nesiqingata *sekubite*, no-
bubanzi buyikubite innye nesiqingata *seku-
bite*, nobupakamo buyikubite innye: na-
pezu kwazo kwaye kubekwa impahla ebe-
kuxèlwa ngazo idini lokutshiswa nombingo.
43 Kanjalo amabaxa, *epuma* ububanzi be-
sandhla, ebeqinisiwe ngapakati ngento
engqongayo; napezu kwetafile bekuko in-
nyama yomnikelo.
44 Nangapandhle kwesango lapakati
bekuko inkambili zabaculi ebaleni lapa-
kati, elibe lingasecaleni lesango lasenode;
zabonana nesuyide; kwako ennye ngaseca-
leni lesango lasempumalanga, ibonana ne-
node. 45 Yaza yateta kumi, *isiti:* Leuka-
mbili, ebonana nesuyide, yeyabaperisite,
abagcini besigcinelo sendhlu. 46 Nenka-
mbili ebonana nenode yeyabaperisite, aba-
gcini besigcinelo sesibingelo; aba bango-
nyana baka-Tsadoki, abati kulo usapo
luka-Levi basondele KUYEHOVA ukuza
kumkonza.
47 Yaza yalinganisa ibala; ubude be-
buzikubite zilikulu, nobubanzi bebuziku-
bite zilikulu, linamacala mane; sayo isibi-
ngelo sipambi kwendhlu.
48 Yandula yandizisa entendelezweni
yendhlu, yalinganisa izibonda zentende-
lezo, ikubite zinklanu ngelinye icala, ne-
kubite zinklanu ngelinye icala; nobuba-
nzi besango, bebuzikubite zintatu ngeli-
cala, nekubite zintatu ngeliya. 49 Ubude
bentendelezo bebuzikubite ezimashumi
mabini, nobubanzi bebuzikubite ezilishumi
linannye; kwaye kungezinyukelo ekube
kunyukelwa kuyo; bekuko nentsika ngase-
zibondeni, ennye ngelicala, nennye ngeliya.
41 Yandula yandizisa etempileni, yazili-
nganisa izibonda, ikubite ezintandatu
zibububanzi ngelinye icala, nekubite ezin-
tandatu zibububanzi ngelinye icala, ubu-
banzi betabanakele. 2 Ububanzi bocango
bebuzikubite zilishumi; namacala ocango,
ebezikubite zinklanu ngelicala, nekubite
zinklanu ngeliya: yayilinganisa ubude
bayo, ikubite ezingamashumi mane, nobu-
banzi, ikubite ezimashumi mabini.
3 Yaza yangena ngapakati, yalinganisa
isibonda socango, ikubite zimbini; noca-
ngo, ikubite zintandatu; nobubanzi boca-



niversity of Fort Hare

ngo, ikubite zisixenxe. 4 Yalinganisa
ubude bayo, ikubite ezimashumi mabini,
nobubanzi, ikubite ezimashumi mabini,
ngapambi kwetempile; yaza yati kumi:
Le yingcwele yezingcwele.

5 Yandula yalinganisa udonga lwen-
dhlu, ikubite zintandatu; nobubanzi ben-
kambili zasecaleni *ngazinnye*, ikubite zinne,
ngento engqongayo indhlu ngamacala o-
nke. 6 Ezonkambili zasecaleni zibe zi-
yinkambili pezu kwenkambili, zintatu;
zazingamashumi matatu ngokulandelana;
zaye zingena eludongeni olube lulolwen-
dhlu ngennxa yenkambili zasecaleni ngo-
kuti ngqonga, ukuba zibe nokubambeka;
koko bezingabambeki eludongeni lwen-
dhlu. 7 Kwaye kuko ukwenziwa banzi
nokujikelela futi ngapezulu kuzo inka-
mbili zasecaleni; ngokuba ukujikelela
kwendhlu bekufuti ngapezulu ngokungqo-
nga indhlu; ngako oko ububanzi bendhlu
ubungapezulu; nangokunjalo eyasezantsi
yenyuka ngakweyapezulu ngeyapakati. 8
Ndaza ndabona ubupakamo bendhlu ngo-
kuti ngqonga: imisekelo yenkambili za-
secaleni ibiyingcongolo ezeleyo, ikubite
zintandatu ezinkulu.

9 Ububanzi bodonga, olulolwenkambili
yasecaleni ngapandhle, bebuzikubite zin-
klanu; kwako *indawo* eyekiweyo ebiyin-
dawo yenkambili zasecaleni ezizezendhlu.
10 Napakati kwazo inkambili bekuko
ububanzi bekubite ezimashumi mabini,
ngento engqongayo indhlu ngamacala
onke. 11 Zaye ingcango zenkambili zase-
caleni zingakuyo *indawo* eyekiweyo, olu-
nye ucango lungasenode, nolunye ucango
lungasesuyide; nobubanzi bayo indawo
eyekiweyo bebuzikubite zinklanu ngokuti
ngqonga.

12 Nesakiwo esibe sipambi kwayo inda-
wo eyahlukileyo ngecala lasentshonala-
nga, ububanzi *baso* bebuzikubite ezinga-
mashumi asixenxe; nodonga lwesakiwo
bebuzikubite zinklanu ububanzi *balo*
ngento engqongayo, nobude balo bebuziku-
bite ezingamashumi alitoba. 13 Yaza ya-
linganisa indhlu, ubude bulikulu lekubite;
nendawo eyahlukileyo, nesakiwo, nendo-
nga zaso, ubude bulikulu lekubite; 14 no-
bubanzi bompambili wendhlu, nobendawo
eyahlukileyo ngasempumalanga, ikulu le-
kubite.

15 Yaza yalinganisa ubude besakiwo
ngapambi kwendawo eyahlukileyo ebinga-
semva kwaso, nendawo ezipumayo zaso
ngelicala nangeliya, ikulu lekubite; *yali-
nganisa* netempile yapakati, nentendelezo
zebala, 16 iminyango, nefenstile ezivali-
weyo, nendawo ezipumayo ngokuti ngqo-
nga *inkambili* 'ntatu zazo, malungana nom-
nyango, isalekwa semiti ngento engqo-
ngayo; na*kuwo* umhlaba kwada kwakuzo
ifenstile; zaye ifenstile zigujungelwe;
17 pezulu pezu kwomnyango, kude kwa-
sendhlwini pakati, nangapandhle, nakulo
lwonke udonga ngento engqongayo, pakati
nangapandhle, *kwatatyatwa* imilinganiswa.

18 Kwaye kwenziwe ikerubime nemiti
yepalime; bekuko umti wepalime pakati
kwekerubime nekerubime; kanjalo ikeru-
bime zibe zinobuso bubini *ngazinnye*: 19
ubuso bomntu bebungakuwo umti wepa-
lime ngelinye icala, nobuso bengonyama
ngakuwo umti wepalime ngelinye icala;
kwenziwa *njalo* kuyo yonke indhlu ngo-
kuti ngqonga. 20 Kwa kuwo umhlaba
kwada kwapezulu kwocango kwenziwa
ikerubime nemiti yepalime, na*pezu* kwalo
udonga lwetempile. 21 Imigubasi yete-
mpile ibinamacala mane; nobuso beyin-
gcwele *indawo*, *okunye* ukubonakala beku-
njengo*kunye* ukubonakala.

22 Isibingelo semiti ubupakamo *baso*
bebuzikubite zintatu, nobude baso bebuzi-
kubite zimbini; amagumbi aso, nobude
baso, nendonga zaso, *zenziwa* ngemiti: yaza
yateta kumi, *isiti*: Le yitafile esebusweni
BUKAYEHOVA.

23 Kwaye kuko ingcango zimbini kuyo
itempile nakweyingcwele *indawo*. 24 Be-
kuko kanjalo amapepa mabini kuzo ingca-
ngo, amapepa mabini ajingayo; *amapepa*
mabini kolunye ucango, namapepa mabini
kolunye. 25 Kwenziwa pezu kwazo, pezu
kwengcango zetempile, ikerubime nemiti
yepalime, njengokuba bekwenziwe ezindo-
ngeni; kwaye kuko indawo yeplanke ze-
miti ngapambi kwentendelezo ngapandhle.
26 Bekuko kanjalo ifenstile ezivaliweyo
nemiti yepalime ngelicala nangeliya, kuwo
amacala entendelezo, nenkambili zaseca-
leni zendhlu, nendawo yeplanke.

42 Yandula yandipumisela ebaleni la-
ngapandhle, ngendhlela engasenode;
yandizisa kuyo inkambili emalungana
nendawo eyahlukileyo, nemalungana nesa-
kiwo ngasenode. 2 Ngapambi kwobude
bekubite ezilikulu beluko ucango lwase-
node, nobubanzi bebuzikubite ezimashumi



University of Fort Hare

mahlanu. 3 Malungana nazo *ikubite* ezi-
mashumi mabini ezizezebala lapakati, na-
malungana nesandhlalwa samatye esisese-
bala langapandhle, bekuko indawo epu-
mayo ngakuyo indawo epumayo kwezesi-
tatu *inkambili*. 4 Napambi kwazo inka-
mbili bekuko indawo yokuhamba yekubite
ezilishumi ububanzi *bayo* ngapakati, *nen*-
dhlela yekubite innye; nengcango zazo
bezingasenode. 5 Inkambili zapezulu zi-
be zifutshane *kwezinnye*; ngokuba indawo
ezipumayo zacapula kwezi, kwezasezantsi
nakwezapakati zesakiwo. 6 Ngokuba zibe
zinenkambili ezintatu, kodwa bezingenazo
intsika njengentsika zamabala; ngako oko
*eyapezulu* ibifinyele pezu kwezasezantsi na-
pezu kwezapakati kwa semhlabeni.
7 Nodonga obelungapandhle malungana
nazo inkambili, ngakulo ibala langapa-
ndhle, ngapambi kwenkambili, ubude balo
beluzikubite ezingamashumi mahlanu.
8 Ngokuba ubude benkambili, ezibe zise-
baleni langapandhle, bebuzikubite ezinga-
mashumi mahlanu; kanjalo, bona ke, pambi
kwetempile bekuzikubite ezilikulu.
9 Nangapantsi kwenkambili ezi ibi-
yindawo yokungena ngecala lasempumala-
nga, kwakuyiwa kuzo kuvela ebaleni la-
ngapandhle. 10 Inkambili zibe zisebu-
banzini bodonga lwebala ngasempuma-
langa, ngapambi kwendawo eyahlukileyo,
nangapambi kwesakiwo. 11 Nendhlela
pambi kwazo yabinjengokubonakala kwen-
kambili ezibe zingasenode, njengobude
bazo, *na*njengobubanzi bazo; nazo zonke
indawo zokupuma zazo bezinjengezimilo
zazo nanjengengcango zazo. 12 Nanje-
ngazo ingcango zenkambili ezibe zingase-
suyide, bekuko ucango enkloko yendhlela,
indhlela eti nqwa pambi kwodonga nga-
sempumalanga, kwakungenwa kuzo.
13 Yaza yati kumi: Inkambili zase-
node, nenkambili zasesuyide, ezingapa-
mbi kwendawo eyahlukileyo, ezi zinka-
mbili ezingcwele, apo abaperisite, abaso-
ndelayo KUYEHOVA, baya kuzidhla kona
izinto eziyingcwele yezingcwele: kona apo
baya kubeka izinto eziyingcwele yezi-
ngcwele, nomnikelo wokudhla, nedini le-
sono, neletyala; ngokuba indawo leyo
iyingcwele. 14 Boti bakungena abaperi-
site, kebangapumi kweyingcwele *indawo*
ukuya ebaleni langapandhle, koko beya
kubeka kona izivato zabo abakonza ngazo,
ngokuba ziyingcwele zona; babeya kwa-
mbata izivato zimbi, basondele kweyeya-
bantu.
15 Yati yakuba igqibile ukulinganiswa
kwendhlu pakati, yandipumisela ngakulo
isango elibonana nempumalanga, yayili-
nganisa ngento engqongayo. 16 Yalinga-
nisa icala lasempumalanga ngengcongolo
yokulinganisa, ingcongolo ezingamakulu
mahlanu, ngengcongolo yokulinganisa
ngento engqongayo. 17 Yalinganisa icala
lasenode, ingcongolo ezingamakulu ma-
hlanu, ngengcongolo yokulinganisa ngento
engqongayo. 18 Yalinganisa icala lasesu-
yide, ingcongolo ezingamakulu mahlanu,
ngengcongolo yokulinganisa. 19 Yajika
yaya ecaleni lasentshonalanga, yalinganisa
ingcongolo ezingamakulu mahlanu ngen-
gcongolo yokulinganisa. 20 Yayilinganisa
ngamacala omane; ibinodonga ngento
engqongayo, lungamakulu mahlanu *ingco-
ngolo* ubude *balo*, namakulu mahlanu ubu-
banzi *balo*, kuze kwahlulwe pakati kwoku-
ngcwele nokungengcwele.

43 YANDULA yandizisa kulo isango,
isango elibeka ngasempumalanga.
2 Kekaloku nabuya ubungcwalisa BOTIXO
wo-Sirayeli busiza ngendhlela yasempu-
malanga; nenklokoma yabo ibinjengenklo-
koma yamanzi amaninzi; wati umhlaba
wakanya ngobungcwalisa bake. 3 Bebu-
njengokubonakala kwesibonakalo endasi-
bonayo—njengesibonakalo endasibonayo
ekuzeni kwami ukutshabalalisa isixeko;
nezibonakalo bezinjengesibonakalo endasi-
bonayo ngasemlanjeni we-Kebare; ndaza
ndawa ebusweni bami. 4 Bati ubungcwa-
lisa BUKAYEHOVA bangena endhlwini, ngen-
dhlela yesango elibonana nempumalanga.
5 Wandula UMOYA wandifunqula, wandi-
zisa ebaleni lapakati; kekaloku bona
ke, ubungcwalisa BUKAYEHOVA bayizalisa
indhlu.
6 Ndaza ndamva eteta kumi esendhlwi-
ni; yaye indoda imi ngakumi. 7 Waye-
siti kumi: Nyana woluntu! *le* yindawo
yeterone yami, nendawo yomzantsi wen-
nyawo zami, apo ndiya kuhlala kona pa-
kati kwosapo luka-Sirayeli kude kube ngu-
napakade; kanjalo igama lami elingcwele
indhlu ka-Sirayeli ayiyi kubuya ilincolise,
kwa bona nokumkani babo, ngombulo
wabo, nangezidumbu zokumkani babo,
*pezu* kwendawo ezipakamileyo zabo: 8 ngo-
kumisa umnyango wabo ndawonye nomnya-



University of Fort Hare

ngo wami, nomgubasi wabo ngecala lomgu-
basi wami; ngokuba ludonga *kodwa* obe-
lupakati kwami nabo: ewe, bancolisa
igama lami elingcwele ngezinto zabo ezi-
buntshontsho abazenzileyo; ngako ndaba-
gqibela ngengqumbo yami. 9 Kaloku ma-
bakwelelise umbulo wabo, nezidumbu
zokumkani babo, kude kumi, ndandiya
kuhlala pakati kwabo kude kube nguna-
pakade. 10 Wena, nyana woluntu! bonisa
indhlu ka-Sirayeli indhlu le, baze babe
nenkloni ngenmxa yenkohlakalo zabo; ka-
njalo mabalinganise umfanekiselo. 11 Uku-
ba ke banenkloni ngenmxa yako konke
abakwenzileyo, bazise isimilo sendhlu,
nomfanekiselo wayo, nendawo zokupuma
zayo, nezokungena zayo, nazo zonke izimilo
zayo, nayo yonke imimiselo yayo, kwa
zonke izimilo zayo, nayo yonke imiteto
yayo; uze ubàle pambi kwamehlo abo,
ukuba babambe zonke izimilo zayo, nayo
yonke imimiselo yayo, bayenze.
12 Nguwo lo umteto wendhlu: Pezu
kwengcopo yentaba wonke umda wayo
ongqongayo uyingcwele yezingcwele.
Bona ke, nguwo lo umteto wendhlu.
13 Kanjalo yiyo le imilinganiswa ye-
sibingelo ngekubite; ikubite yikubite
nobubanzi besandhla: Isifuba *saso* siyiku-
bite *innye*, nekubite *innye* ububanzi *baso;*
nodini lwaso ngasempetweni waso ongqo-
ngayo, sisoluko *sesandhla:* ngumhlana
wesibingelo lo. 14 Nakuso isifuba emhla-
beni kude kube sisipumelo sasezantsi, ziku-
bite zimbini, nobubanzi yikubite innye;
nakuso isipumelo esincinane kude kube
kuso isipumelo esikulu, zikubite zinne,
nobubanzi yikubite *innye.* 15 Ne-Hareli,
zikubite zinne; nakuyo i-Ariyeli kwa
kude kube pezulu, zimpondo zinne.
16 Ne-Ariyeli, ilishumi linesibini *leku-
bite* ubude *bayo*, ngeshumi elinesibini ubu-
banzi *bayo*, inamacala mane emacaleni ayo
omane. 17 Nesipumelo, bulishumi line-
sine ubude *baso*, ngeshumi linesine ubu-
banzi *baso*, emacaleni aso omane; nodini
olusingqongayo, sisiqingata sekubite; ne-
sifuba saso, yikubite ngento engqongayo;
nezinyukelo zaso zibeka ngasempuma-
langa.
18 Yaza yati kumi: Nyana woluntu!
itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Yiyo le
imimiselo yesibingelo, emhleni wokwe-
nziwa kwaso, ukunikela pezu kwaso ama-
dini okutshiswa, nokutshiza pezu kwaso
igazi. 19 Wauya kunika abaperisite aba-
Levi, abangabakuyo inzalo ka-Tsadoki,
abasondelayo kumi, itsho INKOSI ENGUYE-
HOVA, ukuza kundikonza, inkunzana elitole
lenkomo ibe lidini lesono. 20 Wauya
kucapula egazini layo, ulibeke pezu kwem-
pondo zaso zonne, napezu kwamagumbi
omane esipumelo, napezu kwodini ngento
engqongayo; kwa njalo uya kuhlanza sona,
usixolisele. 21 Uya kwandula utabate
inkunzana yedini lesono, eya kutshiswa
kwemiselweyo indawo yendhlu, ngapa-
ndhle kweyingcwele. 22 Nangomhla we-
sibini uya kunikela itakane lebokwe eli-
msulwa libe lidini lesono; babeya kuhlanza
isibingelo, njengokuba bebesihlanza ngen-
kunzana. 23 Wakuba ugqibile ukusi-
hlanza uya kunikela inkunzana elitole
lenkomo, emsulwa, nenkunzi yegusha
emhlambini, emsulwa. 24 Wauya kuzini-
kela ebusweni BUKAYEHOVA; baye abape-
risite beya kuposa ityuwa pezu kwazo,
bazinikele KUYEHOVA zibe lidini lokutshi-
swa. 25 Yimihla esixenxe uya kulungisa
ibokwe yedini lesono imihla ngemihla;
nenkunzana elitole lenkomo, nenkunzi
yegusha emhlambini, ezimsulwa, baya
kuzilungisa. 26 Yimihla esixenxe baya
kuxolisela isibingelo, basihlambulule, ba-
zalise izandhla zabo. 27 Yakuba ipelile
lemihla, kuya kwandula kuti, ngomhla
wesibozo, nangexesha eliya kuza, aba-
perisite baya kuwenza pezu kwesibingelo
eso amadini okutshiswa enu, neminikelo
yoxolo yenu; ndandiya kunibuka, itsho
INKOSI ENGUYEHOVA.

44 YANDULA yandibuyisa ngendhlela
yesango langapandhle leyingcwele
indawo, elibeka ngasempumalanga; laye
lona livaliwe. 2 Waza UYEHOVA wati
kumi: Isango eli loba livaliwe, aliyi ku-
vulwa, kanjalo akuyi kungena 'mntu
ngalo; ngokuba UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli,
engenile ngalo; ngako loba livaliwe. 3 Le-
lenkosi; inkosi inguye oya kuhlala kulo,
ize isidhle isonka ebusweni BUKAYEHOVA;
ngendhlela yentendelezo yesango iya ku-
ngena, nangendhlela yayo iya kupuma.
4 Yaza yandizisa ngendhlela yesango
lasenode ngapambi kwendhlu; ndaza nda-
kangela; kekaloku bona ke, ubungcwalisa
BUKAYEHOVA bebuzalisile indhlu: ndaza
ndawa ebusweni bami. 5 Waye UYEHOVA
esiti kumi: Nyana woluntu! bekela inkli-



University of Fort Hare

ziyo yako, ubone ngamehlo ako, nve
ngendhlebe zako, konke endiya kukuteta
kuwe ngayo yonke imimiselo yendhlu
KAYEHOVA, nangayo yonke imiteto yayo;
uze ubeke inkliziyo yako ngasendaweni
yokungena yendhlu, kunye nazo zonke
indawo zokupuma zeyingcwele indawo.
6 Wauya kuti kwabanenkani, kwindhlu
ka-Sirayeli: Itsho INKOSI eNGUYEHOVA u-
kuti: Makunanele ngennxa yazo zonke
izinto ezibuntshontsho zenu, ndhlu ka-
Sirayeli! 7 ekubeni nibangenisile abasem-
zini, abangalukileyo ngenkliziyo, abanga-
lukileyo nangennyama, babe kuyo e-
yingcwele indawo yami, ukuza kuyincolisa
indhlu yami; nakunikela isonka sami,
inqata negazi, baza bona balwapula uce-
bano lwami, ngapezu kwazo zonke izinto
ezibuntshontsho zenu. 8 Kanjalo anisi-
gcinanga isigcinelo sezinto zami ezingcwe-
le; koko nimisele abagcini besigcinelo sami
ngokwenu.
9 Itsho INKOSI eNGUYEHOVA ukuti: Osu-
kuba engowasemzini, ongalukileyo ngen-
kliziyo, ongalukileyo nangennyama, akayi
kungena kweyingcwele indawo yami,
kubo bonke abasemzini abapakati kwosapo
luka-Sirayeli. 10 Naba-Levi abakwelela
kude kumi, bakuti o-Sirayeli balahleka,
abalahlekayo kumi emva kwezitixwana
zabo, bona baya kutwala ityala labo.
11 Boba ngabakonzi noko kweyingcwele
indawo yami, bengabalindi emasangweni
endhlu, nabakonzi kuyo indhlu: baya
kuxèlela abantu idini lokutshiswa nom-
bingo, beme ebusweni babo ukukonza
kubo. 12 Ngennxa yokuba bebekonza
kubo pambi kwezitixwana zabo, baba sisi-
kubekiselo setyala kwindhlu ka-Sirayeli;
ngako oko ndipakamisile isandhla sami
ngakubo, itsho INKOSI eNGUYEHOVA, babeya
kutwala ityala labo. 13 Baye bengayi
kusondela kumi, ukuza kundikonza ngo-
buperisite, nokusondela kuzo zonke izinto
ezingcwele zami, kweyingcwele yezi-
ngcwele *indawo;* koko beya kutwala ihlazo
labo, nezinto ezibuntshontsho zabo aba-
zenzileyo. 14 Kodwa ndiya kubenza
abagcini besigcinelo sendhlu, ngayo yonke
inkonzo yayo, nangako konke okuya kwe-
nziwa kuyo.
15 Kanti abaperisite, aba-Levi, onyana
baka-Tsadoki, abagcinayo isigcinelo se-
yingcwele indawo yami, lwakuti usapo
luka-Sirayeli lwalahleka kumi, bona baya
kusondela kumi ukuza kundikonza; ba-
beya kuma ebusweni bami, ukuba bani-
kele inqata negazi kumi, itsho INKOSI eNGU-
YEHOVA. 16 Aba baya kungena kwe-
yingcwele indawo yami, kanjalo aba baya
kusondela etafileni yami ukuza kukonza
kumi, babeya kugcina isigcinelo sami.
17 Kwakuya kuti, bakungena emasangweni
alo ibala lapakati, izivato zeqiya baya
kuzambata; akuyi kuza pezu kwabo
nento yoboya, nxa bakonzayo emasa-
ngweni elapakati ibala, nangapakati. 18
Inkontsho zeqiya zoba pezu kwenkloko
zabo, nebrukwe zeqiya zoba pezu kwe-
zinqe zabo; abayi kubinqa ngento ebili-
sayo. 19 Naxesbekweni bapumela eba-
leni langapandhle, ebaleni langapandhle
ebantwini, baya kususa izivato zabo aba-
bekonza ngazo, bazibeke ezinkambilini
ezingcwele, bazambate izivato zimbi;
abayi kubangcwalisa abantu zinezivato
zabo. 20 Nenkloko zabo abayi kuziguya
kanye, nezihlwita *zayo* abayi kuzilengale-
ngisa; baya kugugula kodwa inkloko zabo.
21 Neveyine akuyi kuyisela namnye
umperisite, bakungena ebaleni lapakati.
22 Kanjalo umhlolokazi, nalowo olahli-
weyo, abayi kubazeka babe ngabafazi
babo: kodwa intombi zipela kuyo inzalo
yendhlu ka-Sirayeli, umhlaumbi umhlolo-
kazi oya kuba ngumhlolokazi womperisite,
bangabazeka. 23 Nabantu bami baya ku-
babonisa pakati kwokungcwele nokunge-
ngcwele, babazise pakati kwokuncolileyo
nokucocekileyo. 24 Nasekupikweni bona
baya kuma ukugweba; ngezigwebo zami
baya kukugweba; nemiteto yami, nemi-
miso yami, kuzo zonke inklanganiso zami,
baya kuyigcina; nesabata zami baya ku-
zenza ngcwele. 25 Abayi kuza ngakuye
namnye umntu ofileyo ukuzincolisa; kodwa
uyise, nonina, nonyana, nentombi, nomni-
nawe, nodade ongenayo indoda, banga-
zincolisela bona. 26 Nasemva kwoku-
hlanjululwa kwake, uya kubalelwa imihla
ibe sixenxe. 27 Nasemhleni aya kungena
kweyingcwele *indawo*, ebaleni lapakati,
ukuya kukonza kweyingcwele *indawo*, uya
kunikela idini lesono lake, itsho INKOSI
eNGUYEHOVA. 28 Oku kwoba lilifa kubo:
mina ndililifa labo; naye ningayi kubanika
namnye imfuyo kwa-Sirayeli; mina ndi-
yimfuyo yabo. 29 Baya kudhla umnikelo
wokudhla, nedini lesono, nedini letyala;
nako konke okwahlukanisiweyo kwa-Sira-



University of Fort Hare

yeli kwoba kokwabo. 30 Kanjalo isiqalo
sazo zonke ilibo zako konke, nayo yonke
iminikelo yokufunqufunqulwa yako konke,
kuyo yonke iminikelo yokufunqufunqulwa
yenu, yoba yeyabaperisite; nesiqalo sen-
klama yenu niya kusinika kuye umpe-
risite, kuze kuhliswe itamsanqa pezu
kwendhlu yako. 31 Konke okusisidumbu,
umhlaumbi okuqwengiweyo, nokuba ku-
yintaka, nokuba kusisilo, abaperisite abayi
kukutya.

45 KANJAKO xeshekweni niya kulaba
ilizwe ngeqashiso libe lilifa, niya
kunikela umnikelo KUYEHOVA, *isabiwo* esi-
ngcwele selizwe; ubude boba bubude
bamawaka angamashumi mabini anama-
hlanu *engcongolo*, nobubanzi boba ngama-
waka alishumi: soba ngcwele sona kuyo
yonke imida yaso ngento engqongayo.
2 Kuso esi amakulu mahlanu oba ngawe-
yingcwele *indawo ubude bayo*, namakulu
mahlanu *ububanzi bayo*, inamacala mane
ngokuti ngqonga; kanjalo yoba nenuqele
yekubite ezingamashumi mahlanu ngento
engqongayo. 3 Nangawo lomlinganiso
uya kulinganisa ubude bamawaka angama-
shumi mabini anamahlanu, nobubanzi
bamawaka alishumi; nakona kwobako
eyingcwele indawo neyingcwele yezi-
ngcwele. 4 *Isabiwo* esingcwele selizwe
soba sesabaperisite, abakonzi beyingcwele
indawo, abaya kusondela ukuza kumkonza
UYEHOVA; soba yindawo yezindhlu zabo,
nendawo engcwele ibe yeyingcwele indawo.
5 Kanjalo aba-Levi, abakonzi bendhlu,
boba nobude bamawaka angamashumi
mabini anamahlanu, nobubanzi bamawaka
alishumi, ibe yimfuyo yabo *yokwaka* inka-
mbili ezimashumi mabini.
6 Nemfuyo yesixeko niya kumisela yona
ububanzi bamawaka mahlanu, nobude
bamawaka angamashumi mabini anama-
hlanu, malungana nomikelo w*esabiwo* esi-
ngcwele; yoba yeyendhlu yonke ka-
Sirayeli.
7 Nenkosi *isabiwo* sayo soba ngelicala
nangeliya icala lomnikelo w*esabiwo* esi-
ngcwele, nelemfuyo yesixeko, ngapambi
kwomnikelo w*esabiwo* esingcwele, nanga-
pambi kwemfuyo yesixeko, ngecala lentsho-
nalanga ngasentshonalanga, nangecala
lempumalanga ngasempumalanga; nobude
boba malungana nesinye sezabiwo, kwa
semdeni wasentshonalanga kude kube
semdeni wasempumalanga. 8 Elilizwe
loba yimfuyo yayo kwa-Sirayeli; zaye
inkosi zami zingayi kubuya zibandezele
abantu bami; nelizwe *eliseleyo* baya kuli-
nika kwindhlu ka-Sirayeli ngezizwe zabo.
9 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Maku-
nanele, zinkosi zakwa-Sirayeli! kwele-
lisani ubudhlwengu nokupanga, nenze
okufanelekileyo nokulungileyo; susani uku-
hluta kwenu ebantwini bami, itsho INKOSI
ENGUYEHOVA. 10 Noba nesilinganiselo esi-
lungeleleneyo, neyefa elungeleleneyo, ne-
bate elungeleleneyo. 11 Iyefa nebato
zoba ngumlinganiswa 'munye, ize ibate
ibambe isiqingata seshumi sehomere,
neyefa isiqingata seshumi sehomere; umli-
nganiswa wayo woba ngehomere. 12 Ne-
shekele yona yoba zigera ezimashumi
mabini; ishekele ezimashumi mabini,
ishekele ezimashumi mabini ananklanu,
ishekele ezilishumi linanklanu, yoba
yimina yenu.
13 Nguwo lo umnikelo niya kunikela
ngawo: isiqingata sesitandatu seyefa kuyo
ihomere yenuqolowa; nauiya kunika isi-
qingata sesitandatu seyefa kuyo ihomere
yeralasi. 14 Nommiselo wayo ioli, ibate
yeoli, *niya kunikela* isiqingata seshumi
sebate kuyo ikore,—ihomere yebate ezili-
shumi; ngokuba ibate ezilishumi ziyiyo
ihomere. 15 Nemvana innye yasemhla-
mbini, kuwo amakulu mabini, ivela ema-
riweni acenceshiweyo akwa-Sirayeli, ibe
yeyomnikelo wokudhla, neyedini lokutshi-
swa, neyeminikelo yoxolo, kuze kubaxo-
liselwe, itsho INKOSI ENGUYEHOVA. 16 Bonke
abantu belizwe baya kunikela inkosi kwa-
Sirayeli umnikelo lo.
17 Kwakuya kuba pezu kwenkosi *uku-
nika* amadini okutshiswa, nomnikelo woku-
dhla, nowokusela, emitendelekweni, nase-
kutwaseni kwennyanga, nakuzo isabata,
kuyo yonke imitendeleko engcwele yendhlu
ka-Sirayeli: yona iya kulungisa idini
lesono, nomnikelo wokudhla, nedini loku-
tshiswa, neminikelo yoxolo, ukuxolisela
indhlu ka-Sirayeli.
18 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Nge-
yokuqala *innyanga*, ngowokuqala *umhla*
wennyanga, uya kutabata inkunzana elitole
lenkomo, emsulwa, uyihlanze indawo eyin-
gcwele. 19 Waye umperisite eya kuca-
pula egazini ledini lesono, alibeke pezu
kwemigubasi yendhlu, napezu kwama-
gumbi omane esipunelo saso isibingelo



University of Fort Hare

napezu kwemigubasi yesango lelapakati
ibala. 20 Uya kwenje njalo nangowesi-
xenxe *umhla* wennyanga, ngennxa yalowo
uposisayo, nangennxa yosidenge; kwa
njalo ke niya kuxolisela indhlu.
21 Ngeyokuqala *innyanga*, ngoweshumi
elinesine umhla wennyanga, noba nepa-
sika, umtendeleko wentsuku ezisixenxe;
izonka ezingenagwele ziya kudhliwa.
22 Nangawo umhla lowo inkosi iya kuzi-
lungisela yona, nabo bonke abantu belizwe,
inkunzana yedini lesono. 23 Kanjalo
intsuku zosixenxe zomtendeleko iya kulu-
ngisa idini lokutshiswa KUYEHOVA, inku-
nzana zisixenxe nenkunzi zegusha zisi-
xenxe ezimsulwa imihla ngemihla, intsuku
zosixenxe; nedini lesono, itakane lebokwe
imihla ngemihla. 24 Nomnikelo wo-
kudhla, iya kulungisela inkunzana iyefa,
neyefa *yoyilungisela* inkunzi yegusha;
neoli, yoba yihine kuyo iyefa. 25 Ngeye-
sixenxe *innyanga*, ngoweshumi elinesihlanu
umhla wennyanga, iya kwenza njengo-
kunjalo emtendelekweni wentsuku ezisi-
xenxe, njengedini lesono, njengedini loku-
tshiswa, nanjengomnikelo wokudhla, nanje-
ngeoli.
46 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Isango
lebala lapakati, elibeka ngasempu-
malanga, loba livaliwe imihla yomitandatu
yokusebenza; kodwa ngomhla wesabata
liya kuvulwa, nangomhla wokutwasa
kwennyanga liya kuvulwa. 2 Yoti ke
inkosi ingene ngendhlela yentendelezo
yesango elo ngapandhle, ime ngasemgu-
basini wesango; baye abaperisite beya
kulungisa idini lokutshiswa layo, nemi-
nikelo yoxolo yayo; yaiya kubedesha
emnyango wesango, yandule ipume; kodwa
isango aliyi kuvalwa kude kuhlwe. 3 Ka-
njalo abantu belizwe baya kubedesha
ngaselucangweni lwelisango, ngesabata
nangennyanga ezitwasileyo, ebusweni BU-
KAYEHOVA.
4 Nedini lokutshiswa eliya kunike-
lwa yinkosi KUYEHOVA ngomhla wesa-
bata, *loba* zimvana zintandatu ezimsu-
lwa, nenkunzi yegusha emsulwa. 5
Nomnikelo wokudhla, yoba yiyefa kuyo
inkunzi yegusha; nakuzo imvana umni-
kelo wokudhla woba njengokupa kwesa-
ndhla sayo; neoli, yoba yihine kuyo iyefa.
6 Nangomhla wokutwasa kwennyanga,
*loba* yinkunzana elitole lenkomo, emsulwa;
emvana zintandatu, nenkunzi yegusha,
eziya kuba zezimsulwa. 7 Yolungisa
nomnikelo wokudhla, ibe yiyefa kuyo
inkunzana, neyefa kuyo inkunzi yegusha,
nakuzo imvana njengokufikela kwesandhla
sayo; neoli, yoba yihine kuyo iyefa.
8 Nasekungeneni kwenkosi, iya kungena
ngendhlela yentendelezo yesango elo,
ibuye ipume ngendhlela yayo. 9 Kodwa
ekuzeni kwabantu belizwe pambi KWOYE-
HOVA, emitendelekweni engcwele, lowo
ungenayo ngendhlela yesango lasenode
ukuza kubedesha, uya kupuma ngendhlela
yesango lasesuyide; nalowo ungenayo
ngendhlela yesango lasesuyide, uya ku-
puma ngendhlela yesango lasenode; akayi
kubuya ngendhlela yesango abengena
ngalo, koko eya kupuma malungana nalo.
10 Yoti inkosi ekungeneni kwabo ingene
pakati kwabo; nasekupumeni kwabo, baya
kupuma *kunye*.
11 Kanjalo emitendelekweni, nasezin-
klanganisweni ezingcwele, umnikelo wo-
kudhla woba yiyefa kuyo inkunzana, ne-
yefa kuyo inkunzi yegusha, nakuzo imvana
njengokupa kwesandhla sayo; neoli, yoba
yihine kuyo iyefa. 12 Naxeshokweni
inkosi iya kulenza ngesisa idini lokutshi-
swa, umhlaumbi iminikelo yoxolo ngesisa,
KUYEHOVA, iya kwandula ivulelwe isango
elibeka ngasempumalanga, yaiya kwenza
idini lokutshiswa layo, neminikelo yoxolo
yayo, njengoko ibikwenza ngomhla wesa-
bata; yandule ipume, kuvalwe isango
emveni kwokupuma kwayo.
13 Kanjako imvana yomnyaka 'mnye
emsulwa uya kuyilungisa imihla ngemihla
ibe lidini lokutshiswa KUYEHOVA; ngemiso
ngemiso uya kulungisa yona. 14 Nomni-
kelo wokudhla wowulungisela yona nge-
miso ngemiso, isiqingata sesitandatu seyefa,
nesiqingata sesitatu sehine yeoli, ukunya-
kamisa umgubo ocolekileyo,—umnikelo
wokudhla KUYEHOVA ngommiselo onguna-
pakade futi. 15 Kwa njalo baya kulu-
ngisa imvana, nomnikelo wokudhla, neoli,
ngemiso ngemiso, libe lidini lokutshiswa
futi.
16 Itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: Nxa
inkosi ipayo isipo kowonyana bayo, ilifa
laso loba lelonyana bake; soba yimfuyo
yabo ngelifa. 17 Kodwa nxa ipayo isipo
elifeni layo kwesinye sezicaka zayo, soba
sesaso kude kube ngumnyaka wenkulu-
leko, sandule sibuyele kwinkosi: ilifa layo
loba lelonyana bayo kupela. 18 Kanjalo



University of Fort Hare

inkosi ayiyi kutabata elifeni labantu ngo-
kubagxota emfuyweni yabo; kweyayo im-
fuyo iya kunika onyana bayo ilifa; ukuze
kungacitwa abantu bami abanye ngabanye
emfuyweni yabo.

19 Yandula yandizisa ngendawo yoku-
ngena, engasecaleni lesango, ezinkambilini
ezingcwele zabaperisite, ezibeka ngase-
node; kekaloku bona ke, bekuko kona
indawo ngecala lasemva ngasentshonala-
nga. 20 Yaza yati kumi: Le yindawo apo
abaperisite baya kupeka kona idini letyala
nedini lesono, apo baya kuwoja kona
umnikelo wokudhla, ukuze bangapumi
nawo ukuya ebaleni langapandhle uku-
ngcwalisa abantu.

21 Yandula yandipumisela ebaleni la-
ngapandhle, yandidhlulisa ngasemagumbi-
ni omane ebala; kekaloku bona ke, bekuko
ibala kuwo onke amagumbi ebala ngama-
nye. 22 Emagumbini omane ebala bekuko
amabala abiyiweyo, engamashumi mane
*elubite* ubude *bawo*, namashumi matatu
ububanzi *bawo;* ebenomlinganiswa 'mnye
lamagumbi omane. 23 Lwaye luko udonga
ngento engqongayo kuwo, ngento engqo-
ngayo lawo mane; kwako nendawo zoku-
peka ezenziweyo ngapantsi kwendonga
ngokuti ngqonga. 24 Yaza yati kumi:
Ezi zindawo zabapekayo, apo abakonzi
bendhlu baya kupeka kona umbingo wa-
bantu.

47 YANDULA yandibuyisela eluca-
ngweni lwendhlu; kekaloku nanga
amanzi epuma ngapantsi kwomnyango
ngasempumalanga, ngokuba umpambili
wendhlu *ububeka* ngasempumalanga; ati
amanzi lawo ehla ngapantsi, kulo eloku-
nene icala lendhlu, kwelasesuyide lesibi-
ngelo. 2 Yaza yandipumisa ngendhlela
yesango lasenode, yandizekelelisa ngen-
dhlela ngapandhle ngasesangweni langa-
pandhle, ngendhlela ebeka ngasempuma-
langa; kekaloku nanga amanzi ebaleka
ecaleni lokunene.

3 Yati indoda ebinentambo esandhleni
sayo yakupumela ngasempumalanga, yali-
nganisa iwaka lekubite, yandidhlulisa
emanzini; ati amanzi *afik*ela amaqata. 4
Yabuya yalinganisa iwaka, yandidhlulisa
emanzini; ati amanzi *afik*ela amadolo.
Yabuya yalinganisa iwaka, yandidhlulisa;
ati amanzi *afik*ela isinqe. 5 Yabuya yali-
nganisa iwaka; ubungumlambo endako-
hlwa kukuwela: ngokuba amanzi ebenyu-
kile, amanzi okudadwa *kuwo*, umlambo
obungenakuwelwa.

6 Yaza yati kumi: Ubonile na, nyana
woluntu? Yandula yandihambisa, yandi-
buyisela elunxwemeni lwomlambo. 7 Nxa
bendibuyile, kekaloku nantsiya elunxwe-
meni lwomlambo into enninzi yemiti, nge-
licala nangeliya. 8 Yaza yati kumi: La-
manzi ayapumela ngasemdeni wasempuma-
langa, ehle ngasetafeni, angene elwandhle;
ati epunyiselwa elwandhle, amanzi apili-
swe. 9 Kwaye kuya kuti, zonke izinto
ezipilileyo, ezinambuzelayo, apo isukuba
isiza kona imilambo leyo, ziya kupila;
kwakuya kubako into enninzi yenklanzi,
ngokokuba eya kuza kona amanzi la; aeya
kupiliswa, kuti konke apo umlambo uya
kuza kona kupile. 10 Kwoti kanjalo,
abalobi baya kuma ngakulo, kwa kuyo i-
Hene-gedi kude kube kuyo i-Hene-egela-
yime; oba *yindawo* yokwaneka iminata;
inklanzi zawo zoba ngemmilo zazo, nje-
ngenklanzi zolwandhle olukulu, into en-
ninzi. 11 Kodwa amabikibiki alo nama-
cibi alo akayi kupiliswa, aya kunikwa
etyuweni. 12 Nangasemlanjeni, elunxwe-
meni lwawo ngelicala nangeliya, iya ku-
mila yonke imiti yokudhla, egqabi lingayi
kubuna, nesiqamo singayi kupela; ngen-
nyanga zayo iya kutwasisa ukuhlanza,
ngokuba amanzi ayo epumile kweyingcwele
indawo; kanjalo isiqamo sayo soba sese-
kutyiwa, negqabi layo *loba* lelokupolisa.

13 ITSHO INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Nguwo lo umda eniya kulamkela ilifa leli-
zwe ngawo, ngezizwe ezilishumi linazibini
zo-Sirayeli: u-Josefe woba nezabiwo *zi-
bini.* 14 Naniya kulidhla ilifa lalo, omnye
njengomnye, endapakamisa isandhla sami
ukuba ndolinika koyihlo benu; laye ilizwe
eli liya kuwa kuni ngelifa. 15 Nguwo ke
lo umda welizwe ngecala lasenode, kwa
kulo ulwandhle olukulu, ngendhlela yase-
Hetelone, njengokuba kuyiwa e-Tsedade:
16 i-Hamati, i-Berota, i-Siberayime, epa-
kati kwomda we-Damakusi nomda we-
Hamati; i-Hatsere-hatikone, engasemdeni
we-Haurane. 17 Nomda ovela elwandhle
wona woba yi-Hatsare-henani, umda we-
Damakusi, nenode ngasenode, nomda we-
Hamati. Leli ke icala lasenode. 18 Ne-
cala lasempumalanga lona lovela pakati
kwe-Haurane, ne-Damakusi, ne-Gileyadi,



University of Fort Hare

nelizwe lakwa-Sirayeli ngase-Yoredane;
*kutabata* emdeni ngaselwandhle lwasempu-
malanga niya kulinganisa. Leli ke icala
lasempumalanga. 19 Necala lasesuyide
ngakuyo isuyide, lovela e-Tamare kude
kube semanzini e-Meriba yase-Kadeshe,
ngakuwo umlambo kude kube selwandhle
olukulu. Leli ke icala lasesuyide ngakuyo
isuyide. 20 Necala lasentshonalanga loba
lulwandhle olukulu, kwa semdeni kude
kuziwe malungana ne-Hamati. Leli ke
icala lasentshonalanga. 21 Naniya kuna-
bela elilizwe ngezizwe zo-Sirayeli. 22
Kwakuya kuti, niya kulenzela iqashiso
libe lilifa kuni, nakubo abasemzimi abapa-
mbukeleyo pakati kwenu, abazeleyo aba-
ntwana pakati kwenu; babeya kuba nje-
ngabazelweyo elizweni kuni pakati kwo-
sapo luka-Sirayeli; baya kwamkela ilifa
ndawonye nani pakati kwezizwe zo-Sira-
yeli. 23 Kwakuya kuti, isizwe apambu-
keleyo kuso owasemzini, kwa lapo niya
kumnika ilifa lake, itsho INKOSI ENGUYE-
HOVA.

48 Kekaloku ngawo la amagama ezizwe.
Kwa sesipelweni sasenode kude kube
secaleni lendhlela yase-Hetelone, njengo-
kuba kuyiwa e-Hamati, i-Hatsare-henani,
umda we-Damakusi ngasenode, kude kube
secaleni le-Hamati, (ngokuba kuya kubako
kuye icala lasempumalanga *ne*lasentshona-
langa,) u-Dane *woba nesabiwo* sinye. 2
Nangasemdeni ka-Dane, kwa secaleni la-
sempumalanga kude kube secaleni lasen-
tshonalanga, u-Ashere *woba nesabiwo* sinye.
3 Nangasemdeni ka-Ashere, kwa secaleni
lasempumalanga kude kube secaleni la-
sentshonalanga, u-Nefatali *woba nesabiwo*
sinye. 4 Nangasemdeni ka-Nefatali, kwa
secaleni lasempumalanga kude kube seca-
leni lasentshonalanga, u-Manase *woba nesa-
biwo* sinye. 5 Nangasemdeni ka-Manase,
kwa secaleni lasempumalanga kude kube
secaleni lasentshonalanga, u-Frayime *woba
nesabiwo* sinye. 6 Nangasemdeni ka-Fra-
yime, kwa secaleni lasempumalanga na-
kude kube secaleni lasentshonalanga, u-
Rubene *woba nesabiwo* sinye. 7 Nangasem-
deni ka-Rubene, kwa secaleni lasempu-
malanga kude kube secaleni lasentshonala-
nga, u-Juda *woba nesabiwo* sinye.
8 Nangasemdeni ka-Juda, kwa secaleni
lasempumalanga kude kube secaleni la-
sentshonalanga, wobako umnikelo eniya
kunikela ngawo, obubanzi bungamawaka
angamashumi mabini anamahlanu *engco-
ngolo*, nobude bunjengesinye sezabiwo, kwa
secaleni lasempumalanga kude kube seca-
leni lasentshonalanga: kanjalo eyingcwele
indawo yoba pakati kwawo. 9 Umnikelo
eniya kunikela ngawo KUYEHOVA, ubude
ngamawaka angamashumi mabini anama-
hlanu, nobubanzi ngamawaka alishumi.
10 Nakubo aba, kubo abaperisite, umnikelo
ongcwele woba *ngulo:* ngasenode *ubude*
bungamawaka angamashumi mabini ana-
mahlanu, nangasentshonalanga ububanzi
bungamawaka alishumi, nangasempumala-
nga ububanzi bungamawaka alishumi, na-
ngasesuyide ubude bungamawaka anga-
mashumi mabini anamahlanu: kanjalo
eyingcwele indawo KAYEHOVA yoba pakati
kwawo. 11 Woba ngowabaperisite aba-
ngcwalisiweyo, kubo onyana baka-Tsadoki,
abasigcinileyo isigcinelo sami, ababengala-
hleki ekulahlekeni kwosapo luka-Sirayeli,
njengokuba bebelahleka aba-Levi. 12 Na-
*lo*mnikelo kuwo umnikelo welizwe wona
woba yingcwele yezingcwele kubo, nga-
semdeni waba-Levi. 13 Namalungana
nomda wabaperisite, aba-Levi boba nobude
bamawaka angamashumi mabini anama-
hlanu, nobubanzi bamawaka alishumi;
ubude bonke ngamawaka angamashumi
mabini anamahlanu, nobubanzi ngamawaka
alishumi. 14 Abayi kutengisa 'nto yalo-
*ndawo*, nolibo lwelizwe abayi kwanana nga-
lo, abayi kuludhlulisela *kwabanye* kanjako;
ngokuba iyingcwele KUYEHOVA. 15 Na-
mawaka mahlanu aseleyo ebubanzini, elu-
nge namawaka engamashumi mabini ana-
mahlanu, yoba yindawo engengcwele yesi-
xeko, eyokuhlala neyennqele; saye isixeko
siya kuba pakati kwayo. 16 Yiyo le imi-
linganiswa yaso: icala lasenode, ngama-
waka mane anamakulu mahlanu; necala
lasesuyide, ngamawaka mane anamakulu
mahlanu; nangecala lasempumalanga,
ngamawaka mane anamakulu mahlanu;
necala lasentshonalanga, ngamawaka mane
anamakulu mahlanu. 17 Kanjalo innqelo
yesixeko yoba *yilé:* ngasenode ngamakulu
mabini anamashumi mahlanu, nangasesu-
yide ngamakulu mabini anamashumi ma-
hlanu, nangasempumalanga ngamakulu
mabini anamashumi mahlanu, nangasen-
tshonalanga ngamakulu mabini anama-
shumi mahlanu. 18 N*endawo* eseleyo
ebudeni, elunge nomnikelo w*esabiwo* esi-
ngcwele, ngamawaka alishumi ngasempu-



University of Fort Hare

malanga, namawaka alishumi ngasentsho-
nalanga; yaiya kuba ilunge nomnikelo
*wesabiwo* esingcwele; nemveliso yayo yoba
kukutya kwabakonzayo isixeko. 19 Nabo
bakonzayo isixeko, baya kusikonza bevela
kuzo zonke izizwe zo-Sirayeli. 20 Umni-
kelo wonke woba ngamawaka angamashumi
mabini anamahlanu ngamawaka angama-
shumi mabini anamahlanu: umamacala
mane niya kunikela umnikelo ongcwele,
kunye nemfuyo yesixeko. 21 *Nendawo*
eseleyo yona yoba yeyenkosi, ngelicala
nangeliya icala lomnikelo ongcwele, nelem-
fuyo yesixeko, malungana namawaka anga-
mashumi mabini anamahlanu awo umni-
kelo ngasemdeni wasempumalanga, nanga-
sentshonalanga malungana namawaka a-
ngamashumi mabini anamahlanu ngasem-
deni wasentshonalanga, elunge nezabiwo
zenkosi: wona woba ngumnikelo ongcwe-
le; kanjalo eyingcwele indawo yendhlu
yoba pakati kwawo. 22 Nakuyo imfuyo
yaba-Levi, kuyo imfuyo yesixeko, pakati
kw*endawo* eyeyenkosi, pakati kwomda ka-
Juda nomda ka-Benjamine, *londawo* yoba
yeyenkosi.
23 Nesisalela sezizwe: kwa secaleni la-
sempumalanga kude kube secaleni lasen-
tshonalanga, u-Benjamine *woba nesabiwo*
sinye. 24 Nangasemdeni ka-Benjamine,
kwa secaleni lasempumalanga kude kube
secaleni lasentshonalanga, u-Simone *woba*
*nesabiwo* sinye. 25 Nangasemdeni ka-
Simone, kwa secaleni lasempumalanga ku-
de kube secaleni lasentshonalanga, u-Yisa-
kare *woba nesabiwo* sinye. 26 Nangasem-
deni ka-Yisakare, kwa secaleni lasempu-
malanga kude kube secaleni lasentshona-
langa, u-Zebulone *woba nesabiwo* sinye.
27 Nangasemdeni ka-Zebulone, kwa seca-
leni lasempumalanga kude kube secaleni
lasentshonalanga, u-Gadi *woba nesabiwo*
sinye. 28 Nangasemdeni ka-Gadi, ngecala
lesuyide ngasesuyide, umda wovela e-
Tamare, *uye* emanzini e-Meriba yase-Kade-
she, kude kube semlanjeni ngakulo ulwa-
ndhle olukulu.
29 Eli lilizwe eniya kulenzela iqashiso
libe lilifa kuzo izizwe zo-Sirayeli; nezi ke
zizabiwo zazo, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
30 Kanjako ezi zindawo zokupuma zesi-
xeko: ecaleni lasenode, imilinganiswa
ingamawaka mane anamakulu mahlanu.
31 Aye amasango esixeko *eya kubizwa* nga-
magama ezizwe zo-Sirayeli: amasango ma-
tatu ngasenode; isango lika-Rubene linye,
isango lika-Juda linye, isango lika-Levi
linye. 32 Nangecala lasempumalanga, *imi-*
*linganiswa* ingamawaka mane anamakulu
mahlanu; namasango matatu; kwa isango
lika-Josefe linye, isango lika-Benjamine
linye, isango lika-Dane linye. 33 Nange-
cala lasesuyide, imilinganiswa ingamawa-
ka mane anamakulu mahlanu; namasango
matatu; isango lika-Simone linye, isango
lika-Yisakare linye, isango lika-Zebulone
linye. 34 Ngecala lasentshonalanga, *imi-*
*linganiswa* ingamawaka mane anamakulu
mahlanu; amasango ayo matatu: isango
lika-Gadi linye, isango lika-Ashere linye,
isango lika-Nefatali linye. 35 Ngento
engqongayo *imilinganiswa* ingamawaka
alishumi linesibozo: negama lesixeko eso
emva kwoko, *loba lelokuti:* UYEHOVA UKONA.

# INNCWADI KADANYELI.

## ISAHLUKO I.

NGOWESITATU umnyaka wobuku-
mkani buka-Yoyakime ukumkani wo-
Juda, weza u-Nebukanetsare ukumkani
we-Babilone e-Yerusaleme, wayivingcela.
2 Yandula INKOSI yanikela esandhleni sake
u-Yoyakime ukumkani wo-Juda, nennxe-
nye yempahla zendhlu KATIXO; waza wazi-
zisa elizweni le-Shinare, endhlwini yotixo
wake; nempahla wazingenisa endhlwini
yendyebo yotixo wake.
3 Wati ukumkani wateta ku-Shapenaze
inkosi yabatenwa bake, ukuba azise *aba-*
*tile* kulo usapo luka-Sirayeli, nakuyo inzalo
yokumkani, nakuzo inkosana; 4 kwa ama-
dodana okungekuwo nasinye isipako, ama-
hle ukubonakala kwawo, anobuciko ebu-
lumkweni bonke, azizazi, anokuqonda



University of Fort Hare

ukwazi, ekukuwo amandhla okuba eme
eluxandeni lwokumkani, nokuba afundi-
swe ukubàla nokuteta kwama-Kaledine.
5 Kanjalo ukumkani wawabela into yemi-
hla ngemihla kuko ukutya okumnandi
kwokumkani, nakuyo iveyine yokusela
kwake, ukuba ondhliwe iminyaka mitatu,
ati ekupeleni kwayo eme ebusweni boku-
mkani.

6 Kekaloku bekuko pakati kwawo, kulo
usapo luka-Juda, u-Danyeli, u-Hananiya,
u-Mishayeli, no-Hazariya; 7 eyati inkosi
yabatenwa yabatiya amagama: u-Danyeli
yambiza ngo-Beleteshatsare, no-Hananiya
ngo-Shadraki, no-Mishayeli ngo-Meshaki,
no-Hazariya ngo-Habedi-nego.

8 Kodwa u-Danyeli wabeka enklizi-
yweni yake ukuba angazincolisi ngokutya
okumnandi kwokumkani, nangeveyine
yokusela kwake; ngako wacela enkosini
yabatenwa ukuba angazincolisi. 9 Waye
UTIXO emnikile u-Danyeli ufefe nobubele
ebusweni benkosi yabatenwa. 10 Yaza
inkosi yabatenwa yati ku-Danyeli: Ndiyo-
yika inkosi yami ukumkani, okwabileyo
ukutya kwenu nokusela kwenu; ngokuba
kuyinina ukuba abubone ubuso benu bu-
siti kunubembe ngapezu kwamadodana
angawentanga yenu? niya kwandula ni-
yenze inkloko yami imelwe lityala pambi
kwokumkani.

11 Waza wati u-Danyeli kwigosa, elo
inkosi yabatenwa ibilimisile pezu kwo-
Danyeli, *no*-Hananiya, *no*-Mishayeli, no-
Hazariya: 12 Zulinge izicaka zako imihla
ibe lishumi; mabasinike imifuno ukuba
sitye, namanzi ukuba sisele: 13 kwandule
ukukangelwa pambi kwako ukubonakala
kwetu, nokubonakala kwamadodana adhla-
yo ukutya okumnandi kwokumkani; uze
wenze kwizicaka zako njengokubona kwa-
ko. 14 Laza labapulapula ngalendawo,
labalinga imihla yalishumi. 15 Kwati ke
ekupeleni kwemihla ilishumi, kwabonwa
ukuba ukubonakala kwabo bagqitisile o-
nke amadodana awadhlayo ukutya oku-
mnandi kwokumkani ngobuhle nangoku-
tyeba kwennyama. 16 Landula igosa la-
susa ukutya okumnandi kwabo, neveyine
yokusela kwabo, labanika imifuno.

17 Kekaloku lamadodana omane UTIXO
wawanika ukwazi nokuqonda kulo lwonke
ufundo nobulumko; no-Danyeli wamqo-
ndisa yonke imiboniso namapupa.

18 Kwati ke ekupeleni kwemihla owa-
betshilo ukumkani ukuba iwazise, yandula
inkosi yabatenwa yawazisa pambi kwo-
Nebukanetsare. 19 Waza ukumkani wa-
teta nawo; kwaye kube kungafunyanwa
pakati kwawo onke nannye ebinjengo-
Danyeli, *no*-Hananiya, *no*-Mishayeli, no-
Hazariya; ngako bema ebusweni boku-
mkani. 20 Nendawo zonke zobulumko
*n*engqondo, owababuza ngazo ukumkani,
wabafumana belumkile ngamanani alishu-
mi pezu kwazo zonke inncibi *n*abanyangi
abasebukumkanini bake bonke.

21 Kekaloku u-Danyeli wahlala kwada
kwaba ngowokuqala umnyaka ka-Koreshe
ukumkani.

2 NGOWESIBINI umnyaka wobuku-
mkani buka-Nebukanetsare, wapupa
u-Nebukanetsare amapupa, waza waxali-
swa ummoya wake, bemka kuye nobuto-
ngo bake. 2 Wasuka watyela ukumkani
ukuba makubizwe inncibi, nabanyangi, ne-
zanuse, naba-Kaledine, ukuze bambonise
ukumkani amapupa ake. Beza ke bema
ebusweni bokumkani. 3 Wayesiti kubo
ukumkani: Ndilipupile ipupa; kanjalo
ummoya wami uxalele ukulazi ipupa elo.

4 Bandula bateta aba-Kaledine kuku-
mkani ngesi-Siriya, *besiti*: Kumkani, hlala
uhleli kude kube ngunapakade! Tyelela
izicaka zako ipupa, nokutyilwa *kwalo* so-
kuxela.

5 Wapendula ukumkani wati kuba-
Kaledine: Indawo imkile kumi; ukuba
anindazisi ipupa, nokutyilwa kwalo, niya
kuhlahlwa, ziti izindhlu zenu zenzwe im-
fumba yenkunkuma. 6 Kodwa ukuba
niyaxela ipupa, nokutyilwa kwalo, niya
kwamkela kumi amabaso, nemivuzo, no-
dumo olukulu; ngako oko ndixeleleni
ipupa, nokutyilwa kwalo.

7 Bapendula ngokwesibini bati: Makati
ukumkani azityelele izicaka zake ipupa,
nokutyilwa kwalo sokuxela.

8 Wapendula ukumkani wati: Ndiyazi
ngokuqinileyo ukuba ninga ningazuza ixe-
sha, nibona nje ukuba indawo imkile kumi.
9 Kodwa ukuba anindazisi ipupa, ukwa
'mnye umteto ngani; ngokuba amazwi
abuxoki nakohlakeleyo nivumelene uku-
wateta pambi kwami, kude kuguqulwe
ixesha: ngako oko ndityeleleni ipupa,
ndandiya kwazi ukuba ukutyilwa kwalo
ningakuxela.

10 Bapendula aba-Kaledine pambi kwo-



University of Fort Hare

kumkani, bati: Akuko 'mntu pezu kwom-
hlaba ongayixelayo indawo yokumkani:
ngoko akuko ukumkani, *n*enkosi, nompati,
oke wabuza into enjalo kwennye inncibi,
nomnyangi, nom-Kaledine. 11 Ngokuba
indawo ebuzwayo ngukumkani inqabile;
kananjalo akuko namnye ongayixelayo
pambi kwokumkani, kupela ngotixo, aba-
kuhlala kungenaluntu.
12 Ngako oko waqumba ukumkani, wa-
babama kunene, watyela ukuba maku-
bujiswe onke amalumko ase-Babilone.
13 Waza wapuma umteto wokuba ama-
lumko abulawe: kwafunwa no-Danyeli,
namakolwane ake, ukuba babulawe.
14 Wandula wapendula u-Danyeli ngo-
butelekelelo nangobuqiqo ku-Ariyoki,
inkosi yomlisela wokumkani, obepumile
ukuya kubulala amalumko ase-Babilone:
15 wapendula wati ku-Ariyoki, igosa lo-
kumkani: Yinina ukuba umteto unxamile
*kangaka* ukuvela kukumkani? Wandula
u-Ariyoki wamazisa u-Danyeli indawo.
16 Waza wangena u-Danyeli, wacela ku-
kumkani ukuba ammisele ixesha, ukuze
axele ukutyilwa kukumkani.
17 Wandula u-Danyeli waya endhlwini
yake, washumayela indawo ku-Hananiya,
*na*ku-Mishayeli, naku-Hazariya, amako-
lwane ake; 18 ukuba bacele izibele KUTIXO
wezulu ngalemfihlakalo, ukuze kungabubi
u-Danyeli namakolwane ake kunye na-
manye amalumko ase-Babilone.
19 Yada imfihlakalo yatyilelwa u-Danyeli
ngomboniso wobusuku. Wandula u-Danyeli
wambonga UTIXO wezulu. 20 Wapendula
u-Danyeli, wati: Igama LIKATIXO mali-
bongwe kwa kunapakade kude kube ngu-
napakade; ngokuba bubobake ubulumko
namandhla. 21 Yena uyaguqula ama-
xesha nemizuzu; uyasusa okumkani, uya-
misa okumkani kanjalo; uyanika ubulumko
kwabalumkileyo, nokwazi kwabaziyo uku-
qonda. 22 Izinto ezinzulu nezifihlakeleyo
uyazityila: oko kusebumnyameni uya-
kwazi, nokukanya kuhleli naye. 23 Ndiya-
bulela kuwe, ndikudumise, TIXO wobawo
bami! ondinikileyo ubulumko namandhla,
wandazisa kaloku nje oko sibe sikufuna
kuwe; ngokuba nguwe osazisileyo indawo
yokumkani.
24 Wati ngoko u-Danyeli wangena ku-
Ariyoki, lowo abemmisele ukumkani ukuba
abubise amalumko ase-Babilone: waya
watsho kuye ngokuti: Ungabubisi ama-
lumko ase-Babilone; ndingenise pambi
kwokumkani, ndandiya kuxela ukutyilwa
kukumkani. 25 Waza u-Ariyoki wange-
nisa u-Danyeli pambi kwokumkani ngo-
bunxamo, watsho kuye ngokuti: Kendifu-
mene indoda elusatsheni lwasekutinjweni
kwo-Juda, eya kumazisa ukumkani uku
tyilwa.
26 Wapendula ukumkani wati ku-
Danyeli, ogama lingu-Beleteshatsare: Una-
mandhla na okuba undazise ipupa endili
bonileyo, nokutyilwa kwalo?
27 Wapendula u-Danyeli ebusweni bo-
kumkani, wati: Imfihlakalo ebuzwayo
ngukumkani akangeyixele amalumko, *n*a-
banyangi, *n*enncibi, *n*amatola, kukumkani;
28 kodwa kuko UTIXO ezulwini ozityilayo
imfihlakalo, owazisile ukumkani u-Nebu-
kanetsare oko okuza kubako emihleni yo-
kupela. Ipupa lako, nemiboniso yenkloko
yako upezu kwomandhlalo wako, yiyo le:
29 Wena, kumkani! izicamango zako
upezu kwomandhlalo wako zenyuka, *zica-
manga* oko okuya kubako emveni kwoku;
nalowo ozityilayo imfihlakalo ukwazisile
oko okuya kubako. 30 Mina ke, imfihla-
kalo le andityilelwe yona ngobulumko
endinabo ngapezu kwabo bonke abahle-
liyo; koko kungennxa yokuba ukutyilwa
kwaziswe kukumkani, nokuba uzazi izi-
camango zenkliziyo yako.
31 Wena, kumkani! ubukangela; ke-
kaloku nanguya umfanekiso omkulu.
Lomfanekiso umkulu, onkazimlo ibiyegqi-
tisileyo, ubumi pambi kwako; nokubona-
kala kwawo ubusoyikeka. 32 Umfane-
kiso lowo, inkloko yawo ibiyeyegolide
enkle; isifuba sawo nengalo zawo zibe
zizezesilivere; isisu sawo namatanga awo
abengawexina; 33 imilenze yawo ibiye-
yesincete; innyawo zawo, innxennye ibi-
yeyesincete, nennxennye ibiyeyodongwe.
34 Wabukangela kwada kwasikelwa ilitye
kungeko izandhla, elabeta umfanekiso lowo
pezu kwennyawo zawo zesincete nodo-
ngwe, laziti viti. 35 Kwandula kwatiwa
viti kwa kunye isincete, udongwe, ixina,
isilivere, negolide, zaba njengomququ
wasezibayeni zehlobo; waza ummoya wa-
zemkisa, kwada akwazifunyanelwa nannye
indawo; kanti ilitye elabeta umfanekiso
laba yintaba enkulu, lazalisa umhlaba
wonke. 36 Leli ipupa; nokutyilwa kwalo
siya kutyela kona pambi kwokumkani.
37 Wena, kumkani! ungukumkani ka-



University of Fort Hare

kumkani: ngokuba UTIXO wezulu ekuni-
kile ubukumkani, *n*obukulu, namandhla,
noduno. 38 Nalapo kusukuba kumiwa
kona lusapo lwabantu, izilo zasendhle
nentaka zezulu uzinikile esandhleni sako,
wakwenza umpati pezu kwazo zonke.
Wena ke uyinkloko leyo yegolide. 39 Na-
semveni kwako kwovuka obunye ubuku-
mkani, bubuncinane kobako; nobunye,
ubukumkani besitatu, obexina, obuya ku-
pata ubukosi pezu kwomhlaba wonke.
40 Nobesine ubukumkani bona boba na-
mandhla njengesincete; ngokokuba isincete
siziti viti sizikande zonke *izinto:* nanje-
ngesincete, esiqekeza ezi*zinto* zonke, boti
viti buqekeze *nabo.* 41 Nokokuba wabu-
bona innyawo namazwane, innxennye ilu-
dongwe lwombumbi, nennxennye isisi-
ncete, ubukumkani obo boba bahlukile;
kodwa kuya kubako okwokwomelela kwe-
sincete kubo, ngokokuba ububona isi-
ncete sixutyiwe nodongwe olubudaka.
42 Kanjalo *njengokuba* amazwane ennyawo
ebesisincete innxennye, nodongwe innxen-
nye, *kwa njalo* ubukumkani obo, ngennxen-
nye boba namandhla, nangennxennye boba
buqoboqobo. 43 Nokokuba wabubona
isincete sixutyiwe nodongwe olubudaka,
baya kuzixubanisa nenzalo yabantu; kanti
ibayi kunamatela omnye kwomnye, kwa
njengokuba isincete singaxubeki nodo-
ngwe. 44 Nasemihleni yokumkani aba,
UTIXO wezulu uya kumisa ubukumkani, obu-
ngayi kuza butshatyalaliswe napakade:
obubukumkani abuyi kushiyelwa kwa-
banye abantu; buya kubuti viti obobu-
kumkani bonke bubugqibele, kanti buya
kuma bona kude kube ngunapakade;
45 ngokokuba ububona ukuba ilitye
belisikwa entabeni kungeko izandhla, no-
kuba laziti viti isincete, ixina, udongwe,
isilivere, negolide.
UTIXO omkulu umazisile ukumkani oko
okuya kubako emveni kwoku: kanjalo
ipupa liqinile, nokutyilwa kwalo kuyin-
nyaniso.
46 Wandula ukumkani u-Nebukanetsare
wawa ngobuso bake, waziqubuda pambi
kwo-Danyeli, waxela ukuba makunikelwe
kuye umnikelo wokudhla namavumba
amnandi. 47 Wapendula ukumkani ku-
Danyeli, wati: Kuyinnene ukuba UTIXO
wenu unguye UTIXO wotixo, NENKOSI yo-
kumkani, nomtyili wemfihlakalo, ukuba
ubunamandhla okuyityila imfihlakalo le.
48 Wandula ukumkani wamenza 'mkulu
u-Danyeli, wampa amabaso amakulu ama-
ninzi, wamenza umpati pezu kwalo lonke
ilizwana le-Babilone, nenkosi enkulu pezu
kwamalumko onke ase-Babilone. 49 Waza
u-Danyeli wacela kukumkani, owamisa u-
Shadraki, *no*-Meshaki, no-Habedi-nego,
pezu kwemicimbi yalo ilizwana le-Babi-
lone; kodwa u-Danyeli *wahlala* esangweni
lokumkani.

3 UNEBUKANETSARE ukumkani we-
nza umfanekiso wegolide, ubude bawo
buzikubite zimashumi matandatu, ubu-
banzi bawo buzikubite zintandatu; wawu-
misa etafeni le-Dura, ezwaneni le-Babilone.
2 Waza u-Nebukanetsare ukumkani
watumela ukuhlanganisa inkosi, amagosa,
nenkosana, abagwebi, abagcinindyebo,
amapakati, amatyala, nabo bonke aba-
pati bamazwana, ukuze beze ekutwa-
sisweni kwomfanekiso owabewumisile u-
Nebukanetsare ukumkani. 3 Zandula
zahlanganisana inkosi, amagosa, nenkosana,
abagwebi, abagcinindyebo, amapakati,
amatyala, nabo bonke abapati bamazwana,
ekutwasisweni kwomfanekiso owabewumi-
sile u-Nebukanetsare ukumkani; bema
pambi kwomfanekiso owabewumisile u-
Nebukanetsare. 4 Yaza indanduluki
yadanduluka ngamandhla, *isiti:* Kutiwa
kuni, bantu, zizwe, zinteto! 5 ngexesha
eniya kuva inklokoma yekarena, *n*emashro-
kita, *n*ekitrose, *n*esabeka, *n*epesanterine,
*n*esumponeya, nazo zonke inklobo zoku-
cula, niya kuwa pantsi, nibedeshe umfane-
kiso wegolide awumisileyo u-Nebukane-
tsare ukumkani: 6 nosukuba engawi
pantsi, abedeshe, uya kuti kwa ngeloxa-
nyana ajulelwe eziko lomlilo ovutayo.
7 Ngako oko ngeloxesha nxa bonke abantu
bayivayo inklokoma yekarena, *n*emashro-
kita, *n*ekitrose, *n*esabeka, *n*epesanterine,
nazo zonke inklobo zokucula, bonke abantu,
izizwe, nenteto, bawa pantsi, babedesha
umfanekiso wegolide abewumisile u-Nebu-
kanetsare ukumkani.
8 Ngako oko ngeloxesha, kwasondela
ama-Kaledine atile, anika ama-Juda ityala.
9 Ateta ati kukumkani u-Nebukanetsare:
Kumkani, hlala uhleli kude kube nguna-
pakade! 10 Wena, kumkani! wenzile
umteto wokuba bonke abantu abayivayo
inklokoma yekarena, *n*emashrokita, *n*e-
kitrose, *n*esabeka, *n*epesanterine, nesu-



University of Fort Hare

mponeya, nazo zonke inklobo zokucula,
baya kuwa pantsi, babedeshe umfanekiso
wegolide: 11 nosukuba engawi pantsi,
abedeshe, uya kujulelwa eziko lomlilo
ovutayo. 12 Kuko ama-Juda atile owa-
misileyo pezu kwemicimbi yalo ilizwana
le-Babilone, u-Shadraki, *no*-Meshaki, no-
Habedi-nego; lamadoda, kumkani! akaka-
tali nguwe; otixo bako akabakonzi, nom-
fanekiso wegolide owumisileyo akawu-
bedeshi.

13 Wandula u-Nebukanetsare ngomsindo
nangoburalarume waxela ukuba makuziswe
u-Shadraki, *no*-Meshaki, no-Habedi-nego.
Kwandula kwaziswa lamadoda ebusweni
bokumkani. 14 Wateta u-Nebukanetsare
wati kubo: *Kwenziwa* ngabomi na, Sha-
draki, Meshaki, no-Habedi-nego, ukuba
anikonzi otixo bami, nokuba anibedeshi
umfanekiso wegolide endiwumisileyo?
15 Kekaloku ukuba senilungile ukuti,
ngexesha eniyivayo inklokoma yekarena,
*ne*mashrokita, *ne*kitrose, *ne*sabeka, *ne*pe-
santerine, nesumponeya, nazo zonke in-
klobo zokucula, niwe pantsi, nibedeshe
umfanekiso endiwenzileyo—; ukuba ko-
dwa anibedeshi, noti kwa ngeloxanyana
nijulelwe eziko lomlilo ovutayo; nguwu-
pina ke lowo utixo oya kunikulula eza-
ndhleni zami?

16 Bapendula o-Shadraki, *no*-Meshaki,
no-Habedi-nego, bati kukumkani: Nebu-
kanetsare! asifun' ukuba sikupendule
ngalendawo. 17 Ukuba kunjalo, UTIXO
wetu, esimkonzayo, unamandhla okusi-
kulula eziko lomlilo ovutayo; ewe, wosi-
kulula esandhleni sako, kumkani! 18 Ko-
dwa ukuba akunjalo, makwazeke kuwe,
kumkani! ukuba otixo bako asiyi kuba-
bedesha, nomfanekiso wegolide uwumisi-
leyo asiyi kuwubedesha.

19 Wandula u-Nebukanetsare wazala
'buralarume, kwati ukubonakala kwobuso
bake kwaguqulwa ngakubo o-Shadraki,
*no*-Meshaki, no-Habedi-nego: wateta, wa-
xela ukuba iziko malenziwe shushu kube
kasixenxe ngapezulu koko fudula lenziwa
shushu ngako. 20 Waxela kanjalo ukuba
amadoda angamaroti omeleleyo, abesempini
yake, makanxibe u-Shadraki, *no*-Meshaki,
no-Habedi-nego, abajulele eziko lomlilo
ovutayo. 21 Aza lamadoda anxitywa
enebrukwe zawo, *ne*hempe zawo, nengubo
zawo, *nezinye* izivato zawo, ajulelwa eziko
lomlilo ovutayo. 22 Ngako oko, ngennxa
yokuba ilizwi lokumkani belinxamile,
neziko lalishushu kakulu, lati ilangatye
lomlilo labulala lomadoda abefunqula u-
Shadraki, *no*-Meshaki, no-Habedi-nego. 23
Aza lamadoda matatu, u-Shadraki, *no*-
Meshaki, no-Habedi-nego, awa pantsi enxi-
tyiwe pakati kweziko lomlilo ovutayo.

24 Wandula wati nqa u-Nebukanetsare
ukumkani, wesuka ngobunxamo, wateta,
wati kumapakati ake: Besingajulanga
amadoda amatatu na pakati kwomlilo,
enxityiwe? Apendula ati: Yinnyaniso,
kumkani! 25 Wapendula wati: Nanga
ndibona amadoda amane, ekululekile,
ehamba pakati kwomlilo, kungeko 'senza-
kalo kuwo; kekaloku eyesine ukufana
kwayo ifana nonyana wotixo. 26 Wandula
u-Nebukanetsare wasondela elucangweni
lweziko lomlilo ovutayo, wateta, wati:
Shadraki, Meshaki, no-Habedi-nego, nina
'zicaka ZOTIXO opezu kwonke, velani, nize
*apa!* Baza o-Shadraki, *no*-Meshaki, no-
Habedi-nego, bavela kwa pakati kwomlilo.
27 Zaza zahlanganisana inkosi, amagosa,
nenkosana, namapakati okumkani, babona
lamadoda, ukuba umlilo awubanga nama-
ndhla pezu kwemizimba yawo, nennwele
zenkloko zawo aziraukanga, nebrukwe
zawo azenziwanga ngakumbi, nevumba
lomlilo alizanga pezu kwawo.

28 Wateta u-Nebukanetsare, wati: Ma-
kubongwe UTIXO ka-Shadraki, *no*-Meshaki,
no-Habedi-nego, oyitumileyo ingelosi yake,
wakulula izicaka zake, ezazitembela kuye,
zaguqula ilizwi lokumkani, zanikela imi-
zimba yazo, ukuba zingakonzi zingabedeshi
nokubedesha namnye utixo, kupela UTIXO
wazo yedwa. 29 Ngako ndiyawenza
umteto, ukuba bonke abantu, izizwe,
nenteto, abaya kuteta into engalungileyo
ngakuye UTIXO wabo o-Shadraki, *no*-Me-
shaki, no-Habedi-nego, baya kuhlahlwa,
ziti izindhlu zabo zenzwe imfumba yenku-
nkuma; ngokuba kungeko 'tixo wumbi
ongahlangulayo ngokunje. 30 Wandula
ukumkani wabenza abakulu o-Shadraki,
*no*-Meshaki, no-Habedi-nego, ezwaneni le-
Babilone.

4 UNEBUKANETSARE ukumkani, ku-
bo bonke abantu, izizwe, nenteto, a-
bemiyo kuwo wonke umhlaba: Uxolo
lwenu malwandiswe! 2 Imiqondiso nemi-
mangaliso endenzelwe yona NGUTIXO opezu
kwonke, kwakoleka kumi ukuba ndiyi-



University of Fort Hare

shumayele. 3 Hai ukuba mikulu kwe-
miqondiso yake! hai ukuba namandhla
kwemimangaliso yake! ubukumkani bake
bubukumkani obungunapakade, nobukosi
bake bukwisizukulwana ngesizukulwana.
4 Mina 'Nebukanetsare bendonwabile
endhlwini yami, bendicumile kwa selu-
xandeni lwami: 5 ndabona ipupa ela-
ndoyikisayo; kanjalo inkumbulo *zami* pezu
kwomandhlalo wami, nemiboniso yen-
kloko yami, zanditusa. 6 Ndaza ndawenza
umteto wokuba kungeniswe onke ama-
lumko ase-Babilone pambi kwami, ukuze
andazise ukutyilwa kwepupa elo. 7 Kwa-
ndula kwangena inncibi, abanyangi, aba-
Kaledine, namatola; ndaza ndalixela
ipupa ebusweni babo, kodwa abandazisa
ukutyilwa kwalo. 8 Kwada ngokupela
kwangena pambi kwami u-Danyeli, ogama
lingu-Beleteshatsare, njengegama lotixo
wami, okukuye ummoya wotixo abangcwe-
le; ndaza ndalixela ipupa pambi kwake,
*ndisiti:*

9 Beleteshatsare, nkosi yenncibi! ngo-
kokuba ndisazi ukuba ummoya wotixo
abangcwele ukuwe, nokuba ayixaki wena
nannye imfihlakalo, ndixelele imiboniso
yepupa lami endiliboniléyo, nokutyilwa
kwalo. 10 Imiboniso yenkloko yami
ndipezu kwomandhlalo wami, *yilé:* Nda-
kangela, kekaloku bona ke, bekuko umti
pakati kwomhlaba, nobude bawo bebu-
bukulu. 11 Wakula umti lowo, wo-
melela ke; kanjalo ubude bawo bafikela
ezulwini, nokubonwa kwawo ekupeleni
kwomhlaba wonke. 12 Amagqabi awo
ebemahle, neziqamo zawo bezininzi;
kwabekuko kuwo ukutya *okwan*ele bonke:
ngapantsi kwawo bezinomtunzi izilo ze-
zindhle, nasemasebeni awo zahlala intaka
zezulu, lwadhliswa nakuwo uluntu lwonke.
13 Ndakangela *kanjalo* emibonisweni
yenkloko yami ndipezu kwomandhlalo
wami, kekaloku bona ke, umlindi, kwa
oyingcwele, wehla ezulwini; 14 owa-
danduluka ngamandhla, watsho ukuti:
Gaulani umti lowo, niwanqumle amasebe
awo; vutululani amagqabi awo, nizicite
iziqamo zawo; mazisuke izilo pantsi
kwawo, nentaka emasebeni awo; 15 ko-
dwa isipunzi sengcambo zawo sishiyeni
emhlabeni, sinombambo wesincete nexina
eluhlazini lwasendhle: makanete ngom-
bete wezulu, nesabiwo sake masibe ndawo-
nye nezilo ebutyanini bomhlaba: 16 inkli-
ziyo yake mayiguqulwe ingabi yeyomntu,
nenkliziyo yesilo mayinikwe kuye; kanjalo
makadhlule pezu kwake amaxesha asi-
xenxe. 17 Londawo ingomgwebo waba-
lindi, nesisibizo singelizwi labazingcwele;
ukuze abahleliyo babe nokwazi ukuba
opezu kwonke uyapata ubukosi pezu
kwobukumkani babantu, ebunika kulowo
atandayo, ewe, emisa pezu kwabo abantu
abamnyama. 18 Elipupa ndilibonile mina
'kumkani u-Nebukanetsare. Ngako wena,
Beleteshatsare! kuxele ukutyilwa kwalo;
ngokokuba onke amalumko asebukumka-
nini bami akohliwe ukundazisa ukutyilwa:
kodwa wena akukohliwe; ngokuba um-
moya wotixo abangcwele ukuwe.

19 Wandula u-Danyeli, ogama lingu-
Beleteshatsare, wati nqa ngomzuzwana,
nezicamango zake zamtusa. Wapendula
ukumkani, wati: Beleteshatsare! unge-
tuswa lipupa nakukutyilwa kwalo. Wa-
pendula u-Beleteshatsare, wati: Nkosi
yami! ipupa elo malibe kwabo bakutiyayo,
nokutyilwa kwalo kwintshaba zako! 20
Umti ke obuwubona, owakulayo, owo-
melelayo, obude bawo bafikelayo ezulwini,
nokubonwa kwawo emhlabeni wonke; 21
omagqabi awo abemahle, neziqamo zawo
bezininzi; okwabekuko kuwo ukutya
*okwan*ele bonke; ezazite izilo zezindhle
zahlala ngapantsi kwawo, nentaka zezulu
zalalisa emasebeni awo; 22 unguwe,
kumkani! okulileyo, owomeleleyo: ngo-
kuba ubukulu bako bukulile, buyafikela
kwa sezulwini, nobukosi bako ekupeleni
kwomhlaba. 23 Kanjalo, ukuba uku-
mkani wabona umlindi, kwa oyingcwele,
esihla ezulwini, owabesiti: Gaulani umti
lowo, niwutshabalalise; kodwa isipunzi
sengcambo zawo sishiyeni emhlabeni, si-
nombambo wesincete nexina eluhlazini
lwasendhle; makanete ngombete wezulu,
nesabiwo sake masibe ndawonye nezilo
ebutyanini bomhlaba, kude kudhlule pezu
kwake amaxesha asixenxe; 24 kuko oku
ukutyilwa, kumkani! nguwo ke umgwebo
wopezu kwonke, oya kuza pezu kwenkosi
yami ukumkani: 25 Uya kugxotwa eba-
ntwini, kuti ukuhlala kwako kube ndawo-
nye nezilo zezindhle, wanya kudhliswa
utyani njengenkabi, wonetiswa ngumbete
wezulu, kwakuya kudhlula pezu kwako
amaxesha asixenxe, ude ukwazi ukuba
opezù kwonke uyapata ubukosi pezu
kwobukumkani babantu, ebunika kulowo



University of Fort Hare

atandayo. 26 Nokokuba kwaxelwa ukuba
kushiywe isipunzi sengcambo zalomti,
ubukumkani bako boba buqinile kuwe,
emvenikweni uya kukwazi ukuba izulu
liyapata ubukosi. 27 Ngako oko, ku-
mkani! icebo lami malikoleke kuwe, uzi-
kumle izono zako ngobulungisa, nenkohla-
kalo zako ngokupata amahlwempu ngo-
fefe; kungati kuya kwolulwa ukwonwaba
kwako.
28 Konke oku kweza pezu kwokumkani
u-Nebukanetsare. 29 Ekupeleni kwen-
nyanga zilishumi elinambini wabehamba
pezu kwoxande lwobukumkani be-Babi-
lone. 30 Wateta ukumkani, wati: Le
asi yiyo na i-Babilone enkulu, endiyakileyo
ibe yindhlu yobukumkani ngobukulu ba-
mandhla ami, nangennxa yodumo lwo-
bungcwalisa bami? 31 Nxa ilizwi elo
lisesemlonyeni wokumkani, lawa ilizwi
ezulwini, *lisiti*: Kutwa kuwe, kumkani
'Nebukanetsare: Ubukumkani bumkile
kuwe; 32 wanya kugxotwa ebantwini,
kuti ukuhlala kwako kube ndawonye nezilo
zezindhle; uya kudhliswa utyani nje-
ngenkabi, kwakuya kudhlula pezu kwako
amaxesha asixenxe, ude ukwazi ukuba
opezu kwonke uyapata ubukosi pezu
kwobukumkani babantu, ebunika kulowo
atandayo.
33 Kwa ngeloxanyana yafezwa lento
pezu kwo-Nebukanetsare: wagxotwa ke
ebantwini, wadhla utyani njengenkabi,
waneta umzimba wake ngombete wezulu,
zada zakula innwele zake njeng*entsiba* zo-
kozi, nenzipo zake njengezentaka.
34 Nasekupeleni kwalomihla, mina 'Ne-
bukanetsare ndawapakamisa amehlo ami
ngasezulwini, kwati ukuqonda kwami
kwabuyela kumi; ndaza ndambonga opezu
kwonke, ndamdumisa ndambeka lowo oku-
hlala kungunapakade, obukosi bubukosi
obukwa ngunapakade, nobukumkani bake
bukwisizukulwana ngesizukulwana: 35
bonke abemi bomhlaba bayabalwa ngo-
kuba yinto engento; uyenza ngentando
yake kwa semkosini wezulu, na*pakati*
kwabemi bomhlaba; akuko ongabambayo
isandhla sake, nongati kuye: Wenza 'nto
nina? 36 Kwa ngeloxanyana kwabuyela
kumi ukuqonda kwami; nangennxa yo-
dumo lwobukumkani bami, kwabuyela
kumi ubungcwalisa bami nenkazimlo
yami; andifuna ke amapakati ami nemi-
duna yami; kanjako ndaqiniswa ebuku-
mkanini bami, nobukulu obugqitisileyo
bongezelelwa kumi.
37 Kaloku mina 'Nebukanetsare ndi-
yamdumisa, ndiyampakamisa, ndiyambeka
ukumkani wezulu, omisebenzi yake yonke
iyinnyaniso, nendhlela zake zibubulungisa:
nabo bahambayo ngeratshi unamandhla
yena okubatobisa.

5 UBELESHATSARE ukumkani wale-
nzela iwaka lemiduna yake umtendeleko
omkulu, wasela iveyine pambi kwelowaka.
2 Wati u-Beleshatsare akuba evile ive-
yine, watyela ukuba makuziswe impahla
zegolide nezesilivere, ezo uyise u-Nebuka-
netsare wazikupa etempileni ebise-Yerusa-
leme; ukuba basele kuzo ukumkani nemi-
duna yake, abafazi bake namashweshwe
ake. 3 Kwandula kwaziswa impahla ze-
golide ezibe zikutshiwe etempileni yendhlu
KATIXO ebise-Yerusaleme: baza basela kuzo
ukumkani nemiduna yake, abafazi bake
namashweshwe ake. 4 Basela iveyine,
badumisa otixo begolide, nabesilivere,
*n*abexina, *n*abesincete, *n*abemiti, naba-
matye.
5 Kwa ngeloxanyana yavela iminwe
yesandhla somntu, yabàla malungana ne-
kandelare, pezu kwekalike yodonga lwoxa-
nde lwokumkani; wati ukumkani wabona
lonnxennye yesandhla yabàlayo. 6 Kwa-
ndul' ukuguqulwa ubuso bokumkani, nezi-
camango zake zamtusa; kanjalo amalungu
esinqe sake axengaxenga, namadolo ake
abetana elinye nelinye. 7 Waza ukumkani
wadanduluka ngamandhla ukuba kunge-
niswe abanyangi, *n*aba-Kaledine, namatola.
Wateta ukumkani, wati kuwo amalumko
ase-Babilone: Osukuba elesesha esisibàlo,
nokutyilwa kwaso akuxele kumi, wovatiswa
ngesibomvu, nangomxokolelwane wegolide
entanyeni yake, waeya kuba ngowesitatu
umpati ebukumkanini. 8 Andula angena
onke amalumko okumkani; koko ebeko-
hlwa ukulesesha isibàlo, nokumazisa uku-
mkani ukutyilwa kwaso. 9 Waza ukumkani
u-Beleshatsare wetuswa kakulu, nobuso
bake babumguqulelwa, nemiduna yake
yabixakekile.
10 Ukumkanikazi, ngennxa yamazwi
okumkani nemiduna yake, wangena
endhlwini yomtendeleko: wateta ukumka-
nikazi, wati: Kumkani, hlala uhleli kude
kube ngunapakade! ungetuswa zizicama-
ngo zako, nobuso bako mabungaguqulwa.



University of Fort Hare

11 Kuko indoda ebukumkanini bako oku-
kuyo ummoya wotixo abangcwele; ngo-
kuba emihleni yoyihlo bekufunyanwa kuyo
ukukanya, nokuqonda, nobulumko, nje-
ngobulumko babo otixo; ngako ukumkani
u-Nebukanetsare, uyihlo wako, wayimisa
ibe yinkosi yenncibi, *n*abanyangi, *n*aba-
Kaledine, *n*amatola; *wenje njalo ke* uyihlo
wako, kumkani! 12 ngokokuba ummoya
ogqitisileyo, nokwazi, nokuqonda, ukutyila
amapupa, nokuxela izintsonkotelo, noku-
bangulula indawo ezinqabileyo, bekufu-
nyanwa kuyo, ku-Danyeli, owati ukumkani
wamtiya igama elingu-Beleteshatsare:
ngoko makabizwe u-Danyeli, waeya kuxela
ukutyilwa.
13 Kwaza kwangeniswa u-Danyeli pa-
mbi kwokumkani. Wateta ukumkani wati
ku-Danyeli: Ungulo-Danyeli na, ongowa-
selusatsheni lwokutinjwa kwo-Juda, owa-
bepunyiswa kwa-Juda ngukumkani u-
bawo? 14 Sendivile ngawe, ukuba um-
moya wabo otixo ukuwe, nokuba ukukanya,
nokuqonda, nobulumko obugqitisileyo bu-
funyenwe kuwe. 15 Kekaloku sekunge-
nisiwe pambi kwami amalumko *n*abanya-
ngi, ukuba baleseshe esisibàlo, bandazise
ukutyilwa kwaso; koko bebekohlwa ku-
kuxela ukutyilwa kwendawo. 16 Kodwa
ndivile ngawe, ukuba unamandhla uku-
tyila izityilo, nokubangulula indawo ezi-
nqabileyo; kekaloku, ukuba unamandhla
ukulesesha isibàlo eso, nokundazisa uku-
tyilwa kwaso, wovatiswa ngesibomvu,
nangomxokolelwane wegolide entanyeni
yako, wauya kuba ngowesitatu umpati
ebukumkanini.
17 Waza wapendula u-Danyeli, wati
pambi kwokumkani: Amabaso ako makabe
kuwe, nemivuzo yako yinike kwomnye:
noko, isibàlo ndosileseshela ukumkani,
ndimazise nokutyilwa *kwaso*. 18 Wena,
kumkani! UTIXO opezu kwonke wamnika
u-Nebukanetsare uyihlo wako ubukumkani,
nobukulu, nodumo, nobungcwalisa: 19
nangennxa yobukulu abebunikile kuye,
bonke abantu, *n*ezizwe, nenteto, bangca-
ngcazela boyika pambi kwake: lowo wa-
tanda *ukumbulala*, wambulala; nalowo wa-
tanda *ukumgcina ehleli*, wamgcina ehleli;
nalowo watanda *ukumpakamisa*, wampaka-
misa; nalowo watanda *ukumtobisa*, wamto-
bisa. 20 Kodwa xeshekweni inkliziyo
yake yapakama, nompefumlo wake waba
lukuni eratshini, wahliswa eteroneni yobu-
kumkani bake, nodumo lwake lwasuswa
kuye. 21 Waza wagxotwa konyana ba-
bantu; inkliziyo yake yenziwa njengeye-
zilo, nokuhlala kwake bekundawonye na-
maqwara asendhle; wadhliswa utyani
njengenkabi, nomzimba wake waneta
ngombete wezulu; wada wakwazi ukuba
UTIXO, opezu kwonke, uyapata ubukosi
pezu kwobukumkani babantu, nokuba
uyamisa pezu kwabo lowo atandayo.
22 Nawe, unyana wake, Beleshatsare!
akuyitobanga inkliziyo yako, nakuba ubu-
kwazi oku konke; 23 koko uzipakamisile
ngakuyo INKOSI yezulu; kanjalo kuzisiwe
pambi kwako impahla zendhlu yayo, nani-
sele iveyine ngazo, wena nemiduna yako,
abafazi bako namashweshwe ako; notixo
besilivere, nabegolide, *n*abexina, *n*abe-
sincete, *n*abemiti, nabamatye, abangaboni-
yo, abangevayo, abangenakwazi, ubadumi-
sile; kodwa UTIXO, lowo ummoya wako
usesandhleni sake, nendhlela zako zonke
zingaye, akumbekanga. 24 Oko lonnxen-
nye yesandhla yasuswa kwa pambi kwake;
sabàlwa ke esisibàlo.
25 Nasi isibàlo esibe sibàliwe: MENE,
MENE, TEKELI, UPARESINE. 26 Koku uku-
tyilwa kwalendawo: MENE; UTIXO ubalile
ubukumkani bako, ubupelisile. 27 TE-
KELI; ulinganisiwe ezilinganiselweni, wa-
funyanwa ulula. 28 PERESE; ubukumkani
bako bahlulwe, bunikiwe kuwo ama-Medi
nama-Peresiya.
29 Wandula waxela u-Beleshatsare,
baza bamvatisa u-Danyeli ngesibomvu, na-
ngomxokolelwane wegolide entanyeni ya-
ke, bashumayela ngaye ukuba makabe
ngowesitatu umpati ebukumkanini.
30 Kwa ngobo ubusuku kwabulawa
u-Beleshatsare ukumkani wama-Kaledine.
31 Kekaloku u-Dariyusi, um-Medi, wa-
mkela ubukumkani, eminyaka engati nga-
mashumi matandatu anamibini ubudala
bake.

6 KWAKOLEKA ku-Dariyusi ukuba
amise pezu kwobukumkani inkosi ezi-
likulu linamashumi mabini, zize zibe pezu
kwobukumkani bonke; 2 napezu kwazo ezi
abongama abatatu, owaye u-Danyeli waye-
ngowokuqala kubo; ukuze inkosi ezo zenze
ingxelo kubo, aze ukumkani angabi no-
kwonakala kwanto. 3 Wandula u-Danyeli
lo wadhlula abongama abo nenkosi ezo
ngokulunga, ngokokuba ummoya ogqitisi-



University of Fort Hare

leyo ubukuye; wada ukumkani wacingela
ukummisa pezu kwobukumkani bonke.
4 Bandula abongama nenkosi bafuna
ukuba bayifumane ituba ngakuye u-
Danyeli ngendawo yobukumkani; koko
bebekohlwa 'kufumana nalinye ituba ne-
tyala; ngokokuba ebengowennyaniso, ku-
ngafunyanwanga nasinye isiposo netyala
kuye. 5 Andula ati lamadoda: Asiyi
kufumana nalinye ituba ngakuye u-Danyeli
lo, ukuba asifumani *into* ngakuye ngawo
umteto WOTIXO wake.
6 Bandula ababongama nenkosi babu-
tela ekumkanini ngempitimpiti, batsho
kuye ukuti: Kumkani 'Dariyusi, hlala
uhleli kude kube ngunapakade! 7 Bonke
abongama bobukumkani, amagosa nenkosi,
amapakati nenkosana, bacebene kunye
ukumisa ummiso wobukumkani, nokwenza
umteto oqinileyo, wokokuba osukuba eya
kucela ingcelo nasetixweni nasemntwini
ngezintsuku zimashumi matatu, kupela
*acele* kuwe, kumkani! uya kujulelwa
emnxunyeni wengonyama. 8 Kaloku,
kumkani! qinisa umteto, upaule isibàlo,
uze ungaguqulwa, njengesiko lama-Medi
nama-Peresiya elingenakubujiswa. 9
Ngako oko ukumkani u-Dariyusi wapaula
esosibàlo nomteto.
10 Kekaloku u-Danyeli, akwazi ukuba
isibàlo sipauliwe, wangena endhlwini
yake; wati, ifenstile zake zivulekile nje
enkambilini yapezulu yake ngecala eli-
ngase-Yerusaleme, waguqa ngamadolo ake
katatu ngemmini, watandaza, wabulela
pambi KWOTIXO wake, njengoko fudula
ekwenza.
11 Andula lamadoda abuta ngempiti-
mpiti, afumana u-Danyeli etandaza ekunga
nokukunga pambi KWOTIXO wake. 12
Andula asondela, ateta pambi kwokumkani
ngawo umteto wokumkani, *esiti:* Akupau-
langa na umteto, wokokuba umntu osukuba
ecela *ingcelo* nasetixweni nasemntwini nge-
zintsuku zimashumi matatu, kupela *acele*
kuwe, kumkani! uya kujulelwa emnxu-
nyeni wengonyama? Wapendula uku-
mkani wati: Yindawo eqinileyo, njenge-
siko lama-Medi nama-Peresiya elingenaku-
bujiswa. 13 Andula ukupendula ati pambi
kwokumkani: u-Danyeli, lowa ungowase-
lusatsheni lwokutinjwa kwo-Juda, akaka-
tali nguwe, kumkani! nangumteto owu-
pauliléyo; uyacela ingcelo yake katatu
ngemmini.

14 Wandula ukumkani, akuva lamazwi,
wanokuziqumbela kakulu, wabeka inkli-
ziyo *yake* ngaku-Danyeli ukuba amkulule;
ewe kwada kwatshona ilanga wazamela
ukumsindisa. 15 Andula lamadoda abutela
kukumkani ngempitimpiti, ati kukumkani:
Yazi, kumkani! ukuba isiko lama-Medi
nama-Peresiya lelokuba akungeguqulwe
namnye umteto nommiso awumisileyo
ukumkani. 16 Wandula waxela ukumkani,
baza bamzisa u-Danyeli, bamjulela emnxu-
nyeni wengonyama. Wateta ukumkani
wati ku-Danyeli: UTIXO wako, lowo uhlala
umkonza futi, yena wokukulula. 17 Kwaye
kuziswa ilitye, labekwa emlonyeni wom-
nxuma; waza ukumkani walincamatisela
ngesincamatiselo sake, nangesincamatiselo
semiduna yake, ukuze imvume ngaye u-
Danyeli ingabi nakuguqulwa. 18 Wandula
ukumkani waya eluxandeni lwake, wa-
dhlulisa ubusuku ezila ukutya; kanjalo
iziculiso bezingaziswanga pambi kwake;
bemka kuye nobutongo bake.
19 Wandula ukumkani wavuka kunye
nesifingo sokusa, waya ngobunxamo emnxu-
nyeni wengonyama. 20 Wati akuba eso-
ndele emnxunyeni, wamemeza ku-Danyeli
ngelizwi elibusizi; wateta ukumkani wati
ku-Danyeli: Danyeli, sicaka SIKATIXO opi-
lileyo! UTIXO wako, lowo uhlala umkonza
futi, unamandhla okukukulula ezingonya-
meni na? 21 Wandula u-Danyeli wati
ekumkanini: Kumkani, hlala uhleli kude
kube ngunapakade! 22 UTIXO wami utu-
mile ingelosi yake, wavingca imilomo
yengonyama, zaza azandenzakalisa ke;
ngokokuba pambi kwake kube kufunyenwe
kumi okungenatyala; napambi kwako ka-
njalo, kumkani! andenzanga 'sono. 23
Wandula ukumkani wavuya kakulu ngaye,
waxela ukuba u-Danyeli makenyuswe
emnxunyeni. Waza u-Danyeli wenyuswa
emnxunyeni; akwafunyanwa ke kuye na-
sinye isenzakalo; ngokuba ebekolwa kuye
UTIXO wake.
24 Waxela ukumkani, kwaza kwaziswa
lomadoda abemnikile u-Danyeli ityala,
ajulelwa emnxunyeni wengonyama, wona,
nabantwana bawo, nabafazi bawo; zaza
ingonyama zabeyisa bengekafiki pantsi
emnxunyeni, nawo onke amatambo abo
zawatyumza.
25 Wandula ukumkani u-Dariyusi wa-
bàla kubo bonke abantu, nezizwe, nenteto,
abahleli kuwo wonke umhlaba, *esiti:*



University of Fort Hare

Uxolo malwandiswe kuni! 26 Ndiyawenza
umteto, ukuba makuti kubo bonke ubukosi
bobukumkani bami kungcangcazelwe kwo-
yikwe pambi KWOTIXO ka-Danyeli: ngo-
kuba ONGUTIXO opilileyo, emi ngonapakade;
ubukumkani bake bobungayi kutshatyala-
liswa, nobukosi bake bobako kude kube
sekupeleni. 27 Uyakulula, uyasindisa
nokusindisa, uyenza imiqondiso nemima-
ngaliso ezulwini nasemhlabeni, okululeyo
u-Danyeli emandhleni engonyama.

28 Kwa njalo u-Danyeli lowa waba
'mkulu ebukumkanini buka-Dariyusi, na-
sebukumkanini buka-Koreshe um-Pere-
siya.

7 NGOMNYAKA wokuqala ka-Belesha-
tsare ukumkani we-Babilone, u-Danyeli
wabona ipupa, nemiboniso yenkloko yake,
epezu kwomandhlalo wake; wandula wa-
libàla ipupa elo, wayityela imfinyezwa
yendawo.

2 Wateta u-Danyeli wati: Ndabona
embonisweni wami ngobusuku, nantsiya
imimoya yomine yasezulwini igaleleka
pezu kwolwandhle olukulu. 3 Zaza
zenyuka izilo ezikulu ezine elwandhle,
zahlukile esinye kwesinye. 4 Esokuqala
besinjengonyama, sinamapiko okozi; nda-
kangela ada axwitwa amapiko aso, saza
safunqulwa emhlabeni, samiswa pezu
kwennyawo njengomntu, nenkliziyo yom-
ntu yanikwa kuso. 5 Kekaloku bona ke,
esinye isilo, esesibini, besinjengebere,
sazipakamisa ngecala elinye, sinazo im-
bambo ezintatu emlonyeni waso pakati
kwamazinyo aso; kwaza kwatshiwo kuso
ukuti: Suka, yidhle innyama enninzi.
6 Emveni kwoku ndakangela, nasiya
esinye, sinjengengwe, sinamapiko amane
entaka pezu kwomhlana waso; kanjalo
isilo eso besinenkloko ezinne, nobukosi
bebunikwa kuso. 7 Emveni kwoku nda-
bona emibonisweni yobusuku, nasiya
isilo sesine, esoyikekayo, esomeleleyo, esi-
gqitisileyo ngamandhla; besinawo ama-
zinyo amakulu esincete; sadhla, satyumza,
nesisalela sasinyatela ngennyawo zaso;
besahlukile kuzo zonke izilo ezibe zipa-
mbili kuso; saye sinazo impondo ezili-
shumi. 8 Ndagqala impondo ezo, kekaloku
bona ke, kwapuma pakati kwazo olunye
upondo oluncinane, ebekudonyulwa pambi
kwalo isitatu sempondo zokuqala; kanjalo
bona ke, elupondweni olu bekuko amehlo
njengamehlo omntu, nomlomo uteta izinto
ezinkulu.

9 Ndakangela zada zabekwa iterone,
waza wahlala omdala ngemihla, osivato
besimhlope njengengqweqwe, nennwele
zenkloko yake njengoboya obumsulwa:
iterone yake ibi*njenge*langatye lomlilo,
nengqengqeleko zayo *njengo*mlilo ovutayo.
10 Umlambo womlilo wela wapuma ebu-
sweni bake; amawakawaka akonza kuye,
namashumi amawakawaka ema pambi
kwake; kwahlalwa ukugweba, nennewadi
zavulwa. 11 Ndandula ndakangela ngen-
nxa yelizwi lalomazwi makulu lwawate-
tayo upondo olo; ndakangela sada sabu-
lawa esosilo, wabujiswa umzimba waso,
sanikelwa ekuvuteni kwomlilo. 12 Keka-
loku ezinye izilo, zazihlutwa zona uba-
kosi bazo; kodwa ukwolulwa kwobomi
bekunikwa kuzo kude kube ngumzuzu
nexesha.

13 Ndabona emibonisweni yobusuku,
kekaloku bona ke, wafika namafu ezulu
onjengonyana wesintu, weza kuye omdala
ngemihla, wasondezwa pambi kwake. 14
Kwaza kwanikwa kuye ubukosi, nodumo,
nobukumkani, ukuze bakonze kuye bonke
abantu, izizwe, nenteto: ubukosi bake
bubukosi obungunapakade, obungasayi
kububa, nobukumkani bake bobungasayi
kutshatyalaliswa.

15 Mina 'Danyeli ummoya wami wa-
buhlungu pakati kwomzimba *wami*, nemi-
boniso yenkloko yami yanditusa. 16 Nda-
sondela komnye wabo babemi kona, nda-
buza kuye innyaniso yoku konke. Waza
wandityela, wandazisa ukutyilwa kwezi-
zinto. 17 Ezizilo zikulu, ezizine, zingo-
kumkani abane, abaya kuvuka emhlabeni.
18 Kodwa abangcwele bopezu kwonke
baya kwamkela ubukumkani, babambe
ubukumkani kude kube ngunapakade, kwa
kude kube ngunapakade kanapakade.

19 Ndandula ndanqwenela innyaniso
ngaso isilo sesine, esibe sahlukile kwe-
zinye zonke, sigqitisile ngokwoyikeka,
esimazinyo sisincete, nenzipo zaso zilixina;
eso sadhlayo, satyumza, nesisalela sasinya-
tela ngennyawo zaso; 20 nangazo impondo
zilishumi ezisenkloko yaso, na*ngalo* olunye
olwapumayo, esati isitatu sawa pambi kwa-
lo; kwa olopondo olunamehlo, olunomlomo
olwateta izinto ezinkulu, olube lukulu
ngapezu kwabalingane balo ukubonakala
kwalo. 21 Ndakangela, lwati upondo olu



University of Fort Hare

lwayenza imfazwe nabangcwele, lwaboyisa; 22 wada wafika omdala ngemihla, banikwa ubulungisa kwabangcwele bopezu kwonke, lafika ixesha abangcwele bazuza ubukumkani ngalo.

23 Watsho ukuti: Isilo sesine soba bobesine ubukumkani pezu kwomhlaba, obuya kwahluka kubo bonke ubukumkani; babuya kuwudhla umhlaba wonke, buwunyatele, buwutyumze. 24 Nempondo ezilishumi, zona zingokumkani abalishumi, abaya kuvuka ebukumkanini obo; nasemva kwabo kwovuka omnye; waye yena eya kwahluka kubo abapambili, atobise okumkani abatatu. 25 Waeya kuteta amazwi ngakuye opezu kwonke, abasinyise abangcwele bopezu kwonke, acingele ukuguqula amaxesha nemiteto: babeya kunikwa esandhleni sake kude kube lixesha, namaxesha, nesahlulo sexesha. 26 Koko kuya kuhlalwa ukugweba, babeya kususa ubukosi bake, ukubutshabalalisa nokubububisa kude kube sekupeleni. 27 Kanjalo ubukumkani, nobukosi, nobukulu bobukumkani ngapantsi kwezulu lonke, buya kunikwa ebantwini babangcwele bopezu kwonke, obukumkani bubukumkani obungunapakade, babuya kumkonza bonke ubukosi, bumpulapule.

28 Kwada kwakaloku kukupela kwalendawo. Kekaloku mina 'Danyeli izicamango zami zanditusa kakulu, nobuso bami bandiguqulelwa: noko ndayigcina into leyo enkliziyweni yami.

8 NGOWESITATU umnyaka wobukumkani buka-Beleshatsare, umboniso wabonakala kumi mina 'Danyeli, emveni kwalowo wabonakalayo kumi ekuqaleni. 2 Ndabona ke emboniswent; kwaye kute ndakubona, bendise-Shushane kwomkulu, esezwaneni le-Helami; ndabona emboniswent ukuba ndingasemlanjeni we-Wulai. 3 Ndaza ndawapakamisa amehlo ami, ndakangela, kekaloku bona ke, kwema pambi kwomlambo inkunzi yegusha inempondo 'mbini: ezo impondo 'mbini zazinde; kodwa olunye belulude kolunye, kanjalo olude lwagqibela ukupuma. 4 Ndabona inkunzi yegusha inquba ngasentshonalanga, nangasenode, nangasesuyide, kwaza akwabiko nasinye isilo esinokuma ebusweni bayo, kanjako bekungeko ohlangulayo esandhleni sayo; kodwa yenza ngentando yayo, yaba 'nkulu.

5 Kekaloku ndisagqala nje, bona ke, inkunzi yebokwe yavela entshonalanga pezu kwobuso bomhlaba wonke, ingapati umhlaba kodwa: ibokwe leyo ibinopondo olubonakalayo pakati kwamehlo ayo. 6 Yayisiza kuyo inkunzi yegusha enempondo 'mbini, leyo ndabendiyibonile imi pambi kwomlambo, yabalekela kuyo ngoburalarume bamandhla ayo. 7 Ndayibona isondela kufupi nenkunzi yegusha, yaza yacunukiswa ngakuyo, yayibeta inkunzi yegusha, yazapula impondo zayo zombini; kwada akwabi sabiko amandhla kuyo inkunzi yegusha okuba ime pambi kwayo, koko yayiwisa pantsi emhlabeni, yayinyatela; kanjako bekungeko owahlangulayo inkunzi yegusha esandhleni sayo. 8 Yada yaba 'nkulu kunene inkunzi yebokwe: kodwa yakuba inamandhla, lwapuka olopondo lukulu, zaza zenyuka ezinne ezibonakalayo endaweni yalo, ngasemimoyeni yomine yezulu. 9 Nakolunye lwazo lwapuma upondo oluncinane, olwaba lukulu ngento egqitisileyo, ngasesuyide, nangasempumalanga, nangas*ezweni* elihle. 10 Lwaba lukulu ngasemkosini wezulu; lwaza lwawisa ngasemhlabeni *innxennye* kumkosi lowo nakwinkwenkwezi, lwazinyatela. 11 Lwaluzenza lukulu nangakuyo inkosi yomkosi, kwaza kwasuswa kuyo *idini* elifuti, nenklalo yendawo eyingcwele yayo yawiswa pantsi. 12 Wonikelwa nomkosi, ngapezu kw*edini* elifuti, ngennxa yesigqito; lwaluya kuwisa pantsi innyaniso emhlabeni, lwenze nokwenza, luhambiseke kanjako.

13 Ndaza ndeva oyingcwele eteta; wati omnye oyingcwele kulowo okwa nguye owatetayo: Woba kade kangakananina umboniso *ngalo idini* elifuti nesigqito esicitakalisayo, ukuba kunikelwe n*endawo* eyingcwele nomkosi ukunyatelwa pantsi? 14 Wayesiti kumi: Kwa kude kube yimihla engamawaka mabini anamakulu matatu; yandul' ukulungiswa *indawo* eyingcwele.

15 Kwaza kwati, xeshekweni bendibonile umboniso, mina 'Danyeli, ndafuna uku*wu*qonda, kekaloku bona ke, kwema ngapambi kwami njengokubonakala kwendoda. 16 Ndeva nelizwi lomntu pakati *kwomlambo* we-Wulai, owabizayo, wati: Gabriyeli! mqondise lo umboniso. 17 Wasuka weza kufupi apo ndema kona; ndati ke akuza, ndoyika, ndawa ebusweni bami:



University of Fort Hare

waza wati kumi: Qonda, wena 'nyana wo-
luntu! ngokuba umboniso lo ungowexesha
lesipelo. 18 Kekaloku nxa asateta nami,
ndawelwa 'butongo obukulu ndisebusweni
bami ngasemhlabeni; wandula wandicu-
kumisa, wandimisa pezu kwendawo yoku-
ma yami. 19 Wayesiti: Bona ke, ndiya
kukwazisa oko okuya kubako ekugqitye-
lweni kwengqumbo; ngokuba ixesha eli-
miselweyo sinesipelo.

20 Inkunzi yegusha owayibonayo inem-
pondo 'mbini, bangokumkani bama-Medi
nama-Peresiya. 21 Nebokwe elixonti,
ngukumkani we-Javane; nopondo olu-
kulu, olo lupakati kwamehlo ayo, ngu-
kumkani wokuqala. 22 Kekaloku ukuba
lwapuka lona, nokuba kwema ezinne en-
daweni yalo, kuya kusuka ubukumkani
obune esizweni eso, kodwa akuyi kuba
semandhleni alo. 23 Nasekupeleni kwo-
bukumkani bazo, bakuba abagqiti befezile
*ukugqita*, kwosuka ukumkani, elukuni ngo-
buso, eqonda amaqinga. 24 Amandhla
ake aya kwomelela, kodwa akuyi kuba
ngawake amandhla: uya kutshabalalisa
ngokungummangaliso, ahambiseke, enze
nokwenza; waeya kutshabalalisa abana-
mandhla nabantu abangcwele. 25 Kanjako
ngobuqinga bake uya kuhambisa inkohliso
esandhleni sake: waeya kuzenza mkulu
enkliziyweni yake, atshabalalise abaninizi
eluxolweni: kanjalo uya kumela inkosi
kankosi; kodwa uya kwapulwa singeko
isandhla. 26 Kekaloku umboniso woku-
hlwa nokusa, oxeliweyo, uyinnene; kodwa
wena, wuvalele lomboniso, ngokuba ungo-
wemihla emininzi.

27 Ndaza mina 'Danyeli ndawa, nda-
ndintsuku ndisifa; ndada ndesuka, ndawe-
nza umsebenzi wokumkani; ndabenditelwa
nqa lomboniso, kodwa akwabiko owu-
qondayo.

9 NGOWOKUQALA umnyaka ka-Dari-
yusi unyana ka-Hasheveroshe, kwin-
zalo yama-Medi, owenzwa ukumkani pezu
kwobukumkani bama-Kaledine; 2 ngo-
wokuqala umnyaka wokubupata kwake,
mina 'Danyeli ndaqonda ngennewadi inani
leminyaka, elati ilizwi LIKAYEHOVA leza
ngalo ku-Jeremiya umprofite, ukuba ku-
zalisekiselwe ingcitakalo ze-Yerusaleme
iminyaka imashumi asixenxe. 3 Ndaza
ndabeka ubuso bami ngakuyo INKOSI, UTIXO,
ukuba ndi*m*fune ngotandazo nezikungo,
ngokuzila ukutya, naugenklakanklaka no-
tutu: 4 ndatandaza KUYEHOVA, UTIXO wami,
ndenza imvumo yami, ndati:

Au, NKOSI! lowo UTIXO umkulu owoyi-
kekileyo, ogcinela abo bamtandayo nabo
babamba imiyalelo yake ucebano nobubele!
5 Sonile tina, senzile ngobugwenxa, senza
okukohlakeleyo, saye singabangevayo,
ngokupambuka emiyalelweni yako nase-
zigwetyeni zako: 6 kanjako asipulapu-
langa kwizicaka zako abaprofite, abateta
egameni lako kubo okumkani betu, inkosi
zetu, nobawo betu, nakubo bonke abantu
belizwe. 7 Kuwe, NKOSI! kuko ukulunga,
kodwa kuti kuko ukudana kwobuso, nje-
ngokuba *kunjalo* namhla nje; kuwo ama-
doda akwa-Juda, nakubo abemi base-Yeru-
saleme, nakubo o-Sirayeli bonke, abo ba-
kufupi, nabo bakude, kuwo onke amazwe
apo ubagxotele kona, ngennxa yobumene-
mene babo abenzileyo ngakuwe. 8 NKOSI!
kuti kuko ukudana kwobuso, kokumkani
betu, kwinkosi zetu, nakobawo betu, ngo-
kuba sonile ngakuwe. 9 Kuyo INKOSI,
UTIXO wetu, kuko izibele nezixolelo, nakuba
sivukele ngakuyo; 10 singapulapulanga
nelizwi LIKAYEHOVA, LOTIXO wetu, lo-
kuba sihambe ngemiteto yake ayibeki-
leyo pambi kwetu ngezicaka zake abapro-
fite. 11 Ewe, o-Sirayeli bonke bagqitile
umteto wako, kwa ngokupambuka, ukuze
bangapulapuli ilizwi lako: ngako sigale-
lelwe sisiqalekiso nesifungo esibàliweyo
emtetweni ka-Mosesi isicaka SIKATIXO, ngo-
kokuba sonile ngakuye. 12 Namazwi ake
owawateta ngakuti, nangakubo abagwebi
betu abasigwebayo, uwaqinisile, ngokuzisa
pezu kwetu ububi obukulu; ngokuba
kungenziwanga ngapantsi kwezulu lonke
njengokuba kwenziwe e-Yerusaleme.
13 Njengokuba kubàliwe emtetweni ka-
Mosesi, kufikile pezu kwetu bonke obubu-
bi; kanti asibongozanga UYEHOVA, UTIXO
wetu, ukuba siguquke ezinkohlakalweni
zetu, sigqale innyaniso yako. 14 Ngako
UYEHOVA ulindile pezu kwobububi, wabu-
zisa pezu kwetu: ngokuba UYEHOVA, UTIXO
wetu, elungile kuyo yonke imisebenzi yake
ayenzayo: ngokuba ilizwi lake singalipu-
lapulanga. 15 Nakaloku, NKOSI, TIXO wetu!
obakupileyo abantu bako ezweni le-Jipete
ngesandhla esomeleleyo, wazenzela igama,
njengokuba *kunjalo* namhla nje; sonile,
senzile ngokukohlakeleyo. 16 NKOSI! nje-
ngabo bonke ubulungisa bako, makeku-



University of Fort Hare

nqandwe ingqumbo yako noburalarume
bako kuso isixeko sako i-Yerusaleme, intaba
eyingcwele yako: ngokuba ngennxa ye-
zono zetu, nangennxa yenkohlakalo zo-
bawo betu, i-Yerusaleme nabantu bako
basisigxekwa kubo bonke abasingqongayo.
17 Ngako kaloku, TIXO wetu! yiva umta-
ndazo wesicaka sako, nezikungo zaso, uka-
nyise ubuso bako ngapezu kweyingcwele
indawo yako ecitakeleyo, ngennxa YENKOSI.
18 TIXO wami! tobela indhlebe yako, uve
ke; vula amehlo ako, ubone ingcitakalo
zetu, nesixeko esibizwayo ngegama lako:
ngokuba kungengennxa yobulungisa betu
esibeka izikungo zetu ebusweni bako, ku-
ngennxa yezibele zako ezikulu. 19 NKOSI,
yiva! NKOSI, xolela! NKOSI, pulapula,
wenze ke! zungalibali, ngennxa yokwako,
TIXO wami! ngokuba isixeko sako nabantu
bako bebizwa ngegama lako.

20 Kekaloku ndisateta mina, nditandaza,
ndivuma isono sami, nesono sabantu bami
o-Sirayeli, ndibeka nokubeka isikungo sami
ebusweni BUKAYEHOVA, UTIXO wami, ngen-
nxa yentaba eyingcwele KATIXO wami:
21 ewe, ndisateta mina ekutandazeni,
indoda engu-Gabriyeli, leyo bendiyibonile
embonisweni ekuqaleni, ikaulezisiwe nje
ngokubaleka, yandicukumisa ngexesha li-
ngati lelomnikelo wokuhlwa. 22 Waza
wa*ndi*qondisa, wateta nami, wati: Danyeli!
ndipumile kaloku nje ukuza kukufundisa
ukuqonda. 23 Ekuqaleni kwezikungo zako
lapuma ilizwi; ndize nami ukuba ndi*ku*xe-
lele; ngokuba ungotandiweyo wena: ngako
qonda lendawo, ugqale lomboniso. 24 Iveki
ezimashumi asixenxe zimiselwe pezu kwa-
bantu bako, napezu kwesixeko sako esi-
yingcwele, kuze kugqitywe isigqito, kupe-
liswe izono, kuxoliselwe inkohlakalo, ku-
ngeniswe ubulungisa obungunapakade,
kuncanyatiselwe umboniso nesiprofitesho,
kutanjiswe oyingcwele wabangcwele.
25 Yazi ke, uqonde: kwa sekupumeni
kwelizwi lokuba ibuye yakiwe i-Yerusa-
leme kude kufike u-Mesiya, inkosi, ziziveki
ezisixenxe, neveki ezimashumi matandatu
anambini: kwobuya kwakiwe isitarate,
nodonga, kwa ngamaxesha obunzima.
26 Nasemveni kwazo ezoveki zimashumi
matandatu anambini u-Mesiya wonqanyu-
lwa, kodwa akuyi kuba ngennxa yokwake;
nesixeko n*endawo* eyingcwele bozitshaba-
lalisa abantu benkosi eya kuza; ukupela
kwayo kwoba ngomsinga, nakude kube
sekupeleni kwobako imfazwe, *n*engcitakalo
ezimisiweyo. 27 Waeya kuqinisa ucebano
nabaninzi iveki ibe 'nnye; napakati kwe-
veki leyo uya kupelisa umbingo nomnike-
lo; nangennxa yokutwabululeka kwezinto
ezizondekileyo uya kucitakalisa, kwa
kude kube kukugqitywa, nxa okumisiweyo
kuya kutululwa pezu kwokucitakeleyo.

10 NGOMNYAKA wesitatu ka-Koreshe
ukumkani we-Peresiya, kwatyilwa
into ku-Danyeli, ogama lalibizwa ngo-
Beleteshatsare: lento ibiyinnene, kodwa
ukulwa bekukukulu: wayiqonda lento,
wanokuqonda ngomboniso kanjalo. 2 Nge-
zontsuku mina 'Danyeli bendilila isitatu
seveki zemihla. 3 Isonka esimnandi bendi-
ngasidhli, akwangena emlonyeni wami
nennyama neveyine, bendingake ndazita-
mbisa kanjako, kwada kwazaliseka ezoveki
zemihla zontatu.

4 Nangowamashumi mabini anesine um-
hla wennyanga yokuqala, nxa bendinga-
secaleni lomlambo omkulu, le-Hidekele,
5 ndawapakamisa amehlo ami, ndaka-
ngela; kekaloku nantsiya indoda yambete
izivato zeqiya, nesinqe sayo sibinqiwe
ngegolide yase-Yufazi: 6 nomzimba wayo
ubunjengelitye letareshishe, nobuso bayo
njengokubonakala kwombane, namehlo ayo
njengezibane zomlilo, nengalo zayo nen-
nyawo zayo njengobubengebenge bexina
egudisiweyo, nenklokoma yamazwi ayo nje-
ngenklokoma yesihlwele.

7 Lomboniso ndawubona mina 'Danyeli
ndedwa; ngokuba amadoda abeko nami
engabonanga umboniso lowo; koko ebewe-
lwe kukunkwantya okukulu, aza abaleka
ukuba azimele. 8 Ndaza ndashiywa nde-
dwa, ndawubona lomboniso umkulu, kodwa
akwasala amandhla kumi; kwandiguqu-
lelwa ukwomelela kwami kwaba kukwona-
kala, ndingasabambanga amandhla. 9 Nda-
yiva noko inklokoma yamazwi ayo; naxe-
shekweni bendisiva inklokoma yamazwi
ayo, ndawelwa bubutongo obukulu ndipezu
kwobuso bami, ubuso bami bungasemhla-
beni. 10 Kekaloku bona ke, kwandicu-
kumisa isandhla, esandigexisa pezu kwa-
madolo ami nentende zezandhla zami.
11 Wayesiti kumi: Danyeli, ndoda etandi-
weyo! gqala amazwi endiwatetayo kuwe,
ume pezu kwendawo yokuma yako; ngo-
kuba nditunyiwe kaloku nje ukuza kuwe.
Ndati akuba etetile elolizwi kumi, ndema



University of Fort Hare

ndingcangcazela. 12 Waza wati kumi:
Zungoyiki, Danyeli! ngokuba kowoku-
qala umhla ubuyibeka inkliziyo yako uku-
qonda, nokuzibandezela pambi KWOTIXO
wako, ebeviwa amazwi ako; ndize nami
ngennxa yamazwi ako. 13 Kodwa inkosi
yobukumkani be-Peresiya yandimela intsu-
ku zamashumi mabini anannye: koko, bona
ke, u-Mikaheli, ennye yenkosi zokuqala,
weza kundinceda; ndaza ndasala kona nda-
wonye nabo okumkani be-Peresiya. 14 Ndi-
ze ke ukuba ndikuqondise okuya kuhla
ebantwini bako emihleni yokupela: ngo-
kuba umboniso usengowemihla *emininzi.*

15 Ndati akuba etetile lamazwi kumi,
ndabeka ubuso bami ngasemhlabeni, ndaba
'sidenge. 16 Kekaloku bona ke, ofana
nonyana boluntu wacukumisa umlomo
wami; ndandul' ukuvula umlomo wami,
ndateta, ndati kulowo owema ngapambi
kwami: Nkosi! ngawo umboniso intsizi
zami ziguqulwe pezu kwami, ndingasa-
bambanga amandhla. 17 Singati nina ke
isicaka salenkosi yami ukuteta nalenkosi
yami? ngokuba mina, kwa kaloku kunga-
hleli amandhla kumi, kungasele umpe-
fumlo kumi kanjalo.

18 Waza wabuya wandicukumisa onje-
ngokubonakala kwomntu, wandomeleza,
19 wati: Zungoyiki, ndoda etandiweyo!
uxolo malube kuwe, yomelela, ewe, yome-
lela. Naxeshekweni abeteta nami, ndo-
melezwa, ndati: Maitete inkosi yami;
ngokuba undomelezile.

20 Waza wati: Uyazi na ndizele nina
kuwe? Kodwa ngoku ndiya kubuya ukuba
ndilwe nenkosi ye-Peresiya; nxa ndipu-
mileyo mina, bona ke, iya kuza inkosi
ye-Javane. 21 Noko ndiya kushuma-
yela kuwe oko kubàliweyo esibàlweni
sennyaniso. Akuko ke namnye ozomele-
zelana nami ngakuzo ezi, kupela ngu-
Mikaheli inkosi yenu.

11 Kanjako mina, ngowokuqala umnyaka
ka-Dariyusi um-Medi, ndema ukuba
ndibe ngumomelezi nennqaba kuye.

2 Nakaloku ndoyishumayela kuwe in-
nyaniso. Bona ke, kusaza kusuka oku-
mkani abatatu e-Peresiya: kanjalo owesine
wotyeba ngobutyebi obukulu pezu kwabo
bonke; nasekwomeleleni kwake ngobu-
tyebi bake uya kuvusa bonke ngakubo
ubukumkani base-Javane.

3 Kwoda kusuke ukumkani onamandhla,
oya kupata ngobukosi obukulu, enze nge-
yake intando. 4 Nxa aya kuma, boti
ubukumkani bake bapulwe, bahlulelwe
emimoyeni yomine yezulu, kungabi kubo
abenzalo yake, kungabi njengabo ubukosi
bake wabepata ngabo kanjalo: ngokuba
ubukumkani bake buya kudonyulwa, bube
bobabanye ngapandhle kwabo aba.

5 Waeya kwomelela ukumkani wase-
suyide, n*ennye* kwinkosana zake, eya kwo-
melela ngapezu kwake, ipate ubukosi;
ubukosi bayo boba bubukosi obukulu.
6 Nasekupeleni kweminyaka *etile* botele-
lana; ngokuba intombi yokumkani wase-
suyide iya kuza kukumkani wasenode
ukwenza uxolo: kodwa ayiyi kuba esa-
bamba amandhla engalo; naye akayi
kuma, neyake ingalo: koko iya kuni-
kelwa, nabo bayizisayo, nowayizalayo,
nowayomelezayo ngalomaxesha. 7 Ko-
dwa esebeni lengcambo zayo kwosuka
*omnye* esikundhleni sake, oya kuza nempi,
angene ennqatyeni yokumkani wasenode,
enze ngakubo, eyise nokweyisa. 8 Naka-
njako otixo babo, kunye nenkosi zabo,
nezinto zabo ezinqwenelekileyo ezesili-
vere nezegolide, wozitimba azise e-Jipete;
waeya kuma yena iminyaka engapezu
kweyokumkani wasenode. 9 Woda eze
ebukumkanini *bake* ukumkani wasesuyide,
abuyele elizweni lake.

10 Kodwa onyana bake baya kwenza
imfazwe, basihlanganise isihlwele sempi
ezinkulu; waeya kunxama ukuza *omnye,*
akukulise, adhlule nokudhlula; andul'
ukubuya, enze imfazwe kude kube sennqa-
tyeni yake. 11 Waye ukumkani wasesu-
yide eya kucunukiswa, apume alwe naye,
*kwa* nokumkani wasenode: uya kukupa
isihlwele esikulu naye; kodwa isihlwele
eso sonikelwa esandhleni sake. 12 Nxa
sisusiwe esosihlwele, iya kupakama inkli-
ziyo yake; waeya kuwisa amawakawaka;
kodwa akayi kwomelezwa *noko:* 13 ngo-
kuba eya kubuya ukumkani wasenode, oya
kumisa isihlwele esikulu kwesapambili;
nasekupeleni kweminyaka etile, uya ku-
nxama ukuza enempi enkulu nempahla en-
ninzi. 14 Kanjako ngamaxesha lawo aba-
ninzi bosukela ngakuye ukumkani wasesu-
yide: aeya kuzipakamisa amanyangaza
abantu bako, ukuba kuqiniswe umboniso;
kodwa aya kuwa. 15 Waeya kuza ukumka-
ni wasenode, aposele induli, abambe izi-
xeko ezinqatyisiweyo: zaye ingalo zowase-
suyide zingayi kuma, nabantu bake abanyu-



University of Fort Hare

liweyo, kanjalo akuyi kubako amandhla
okuma. 16 Kodwa lowo ozayo ngakuye
uya kwenza ngeyake intando, kungeko
namnye oya kuma ebusweni bake; waeya
kuma elizweni elihle, elikugqitywa kwoba
sesandhleni sake. 17 Kanjako uya ku-
beka ubuso bake ukuza namandhla obu-
kumkani bake bonke, nabalungileyo kunye
naye, enze nokwenza; waeya kumnika
intombi yabafazi, *efuna* ukuyonakalisa;
kodwa ayi kuba nokuma, ayi kuba ngecala
lake kanjalo. 18 Woda aguqule ubuso
bake ukuya eziqitini, abambe ezininzi:
kodwa inkosi *etile* iya kwenza ukuyihlazisa
kwake kupele, ngapandhle kwokuba uku-
hlazisa kwake iya kukubuyisa pezu kwake.
19 Andule asonge ubuso bake ngasezin-
nqatyeni zelake ilizwe: kodwa uya ku-
kubeka, awe, angabi senokufunyanwa.

20 Kuya kwandula kusuke esikundhleni
sake odhlulisayo umbizi weminikelo ebu-
ngcwaliseni bobukumkani; kodwa pakati
kwentsuku ezitile uya kwapuka, kunge-
ngemisindo, kungengemfazwe kanjako.
21 Woda asuke esikundhleni sake odele-
kileyo, ekungayi kunikwa kuye ubunga-
ngamsha bobukumkani; kodwa uya kuza
eluxolweni, nobukumkani uya kububamba
ngezibongo. 22 Nangengalo zomsinga
baya kukukuliswa pambi kwake, bapulwe
nokwapulwa, nenkosi yocebano nayo.
23 Nasemva kwokuba *kwenziwe* ukute-
lelana nayo, uya kwenza ngeukohliso;
waeya kunyuka azuze amandhla ngento
enncinane yabantu. 24 Eluxolweni uya
kuza nakwezityebileyo indawo zezwana;
waeya kukwenza oko kungenziwanga
ngoyise bake, nangoyise boyise bake;
impango, namaxoba, nempahla, wozicita
pakati kwabo; nangakuzo innqaba wo-
waqinga amaqinga ake, kwa kude kube
lixesha *elitile*. 25 Waeya kuvusa ama-
ndhla ake nenkliziyo yake ngakuye uku-
mkani wasesuyide, enempi enkulu; naye
ukumkani wasesuyide wovuselwa uku-
lwa, enempi enkulu, kwa into enninzi ku-
nene: kodwa akayi kuba nokuma; ngo-
kuba beya kuqinga ngakuye amaqinga.
26 Ewe, abo badhlayo ukutya okumnandi
kwake baya kumapula, nempi yake iya
kukukulisa; babeya kuwa ababuleweyo
abaninzi. 27 Okumkani aba bobabini
inkliziyo zabo *zofuna* ukwenza ububi, nase-
sitebeni sinye baya kuteta ulwimi; kodwa
akuyi kuba nokuhambiseka, ngokuba
kusaza kubako ukupela ngexesha elimise-
lweyo. 28 Uya kwandula abuyele eli-
zweni lake enempahla into enkulu; yaiya
kuti inkliziyo yake ibe ngakulo ucebano
olungcwele; uya kwenza nokwenza, abu-
yele kwelake ilizwe. 29 Ngexesha elimi-
selweyo uya kubuya, eze ngasesuyide;
koko kungayi kuba njengokwapambili,
nanjengokwasemva. 30 Ngokuba ziya
kuza ngakuye innqanawa zama-Kiti; woba
nobuhlungu ngoko, abuye ke, aluqumbele
ucebano olungcwele, enze nokwenza: ewe,
uya kubuya, agqalele abalushiyayo uce-
bano olungcwele.

31 Zaziya kusuka ingalo ngennxa yake,
eziya kuncolisa eyingcwele indawo, in-
nqaba, zilisuse *idini* elifuti, ziyibeke into
ezondekileyo ecitakalisayo. 32 Nabo be-
uzayo ngokukohlakeleyo ngakulo ucebano
uya kubonakalisa ngezibongo; kodwa
abantu abamaziyo UTIXO wabo baya kwo-
melela, benze nokwenza. 33 Kanjalo
abo banokuqonda pakati kwabantu boba-
fundisa abaninzi: noko baya kuwa nge-
sirele nangelangatye, ngokutinjwa nango-
kupangwa, kube 'ntsuku. 34 Naseku-
weni kwabo, baya kuncedwa ngoncedo
oluncinane; baye abaninzi beya kunama-
tela kubo ngezibongo. 35 Nakubo aba-
nokuqonda baya kuwa *innxennye*, ukuba-
linga, nokubahlambulula, nokubenza mhlo-
pe, kude kube lixesha lesipelo: ngokuba
kusekokwexesha elimiselweyo.

36 Kanjalo uya kwenza ngentando yake
ukumkani lowo; waeya kuzipakamisa,
azenze mkulu ngapezu kwotixo bonke,
atete izinto ezimangalisayo ngakuye UTIXO
wotixo, ahambiseke kude kugqitywe
ingqumbo: ngokuba kuya kwenziwa oku-
misiweyo. 37 Akayi kugqalela otixo
boyise bake, nonqwenelo lwabafazi; akayi
kugqalela kwa namnye utixo, kodwa wo-
zenza mkulu pezu kwonke. 38 Notixo
wennqaba uya kumenzela ubungcwalisa
esikundhleni sake; kwa utixo abangama-
zanga oyise bake uya kumenzela ubungcwa-
lisa ngegolide, nangesilivere, nangamatye
anqabileyo, nangezinto ezinqwenelekileyo.
39 Ewe, uya kwenzela innqaba ezinqatyi-
siweyo kunye notixo wasemzini; lowo oya
kumvuma womandisela ubungcwalisa;
waeya kubapatisa ubukosi pezu kwabani-
nzi, nelizwe wolaba ngennxa yomvuzo.

40 Nangexesha lesipelo ukumkani wase-
suyide wosunduza ngakuye; waye uku-



University of Fort Hare

mkani wasenodo eya kugaleleka pezu
kwako njengoqwitela, enennqwelo zo-
kulwa, nabakweli bamahashe, nennqanawa
ezinninzi; waeya kungena emazweni, aku-
kulise, adhlule nokudhlula. 41 Wongena
nasezweni elihle, *namazwe* amaninzi aya
kuwiswa; kodwa aya kusinda la esa-
ndhleni sake, i-Edome, ne-Mowabi, naba-
zinkloko zosapo luka-Hamoni. 42 Uya
kusolula isandhla sake pezu kwamazwe;
aliyi kusinda ilizwe le-Jipete. 43 Waeya
kuba namandhla pezu kwendyebo zego-
lide nesilivere, napezu kwazo zonke izinto
ezinqwenelekileyo zase-Jipete: kananjalo
ama-Libiya nama-Tiyopiya oba semiko-
ndweni yake. 44 Kodwa indaba zivela
empumalanga nasenodo ziya kumtusa;
woti ngako apume ngomsindo omkulu
ukubatshabalalisa nokubalahlela embu-
jisweni abaninzi. 45 Nentente zekomkulu
lake wozimisa pakati kwelwandhle nga-
sentabeni enkle engcwele; woda eze eku-
peleni kwake, kungeko oya kumnceda.

12 Nangexesha elo kwosuka u-Mikaheli,
lonkosi inkulu esukayo ngennxa yo-
sapo lwâbantu bako: kwobako ixesha lo-
bunzima, ebelingezanga libeko elinjalo
kuseloko kube kuko isizwe kwada kwali-
xesha elo: nangeloxesha baya kusindiswa
abantu bako, bonke abaya kufunyanwa
bebàliwe ennewadini. 2 Baye abaninzi
abaleleyo elutulini lwomhlaba beya ku-
vuka, abanye babe sebomini obungunapa-
kade, nabanye babe sekuhlazekeni *na*seku-
delweni okungunapakade. 3 Abo banoku-
qonda bokanya njengokukazimla kwesiba-
kabaka, nabo bakokelayo abaninzi ebulu-
ngiseni njengenkwenkwezi, kude kube
ngunapakade kanapakade.
4 Kodwa wena, Danyeli! valela lama-
zwi, uncamatisele lennewadi, kude kube
lixesha lesipelo: bosukasuka abaninzi,
kuya kwandiswa ukwazi ngako.
5 Ndaza ndakangela mina 'Danyeli, ke-
kaloku bona ke, kwema abanye bebabini,
omnye nganeno elugudwini lwomlambo,
nomnye pesheya elugudwini lwomlambo.
6 Wayesiti *omnye* kwindoda eyambete izi-
vato zeqiya, ebipezu kwamanzi omlambo:
Kwoba kade kangakananina kude kube
kukupela kwalemimangaliso? 7 Ndaza
ndeva londoda eyambete izivato zeqiya,
ebipezu kwamanzi omlambo, ukuba yapa-
kamisa esokunene isandhla sake nesokohlo
sake ngasezulwini, yamfunga lowo okuhlala
kungunapakade ukuti: Kwoba kokwalo
ixesha, amaxesha, nesiqingata *sexesha;*
naxeshekweni agqibileyo ukucita amandhla
abantu abangcwele, ziya kwandula uku-
gqitywa ezi*zinto* zonke.
8 Ndeva ke, koko ndingaqondanga;
ndaza ndati: Nkosi yami! kwoba yinto
nina ukupela kwezi*zinto?* 9 Wayesiti:
Hamba, Danyeli! ngokuba evalelwe enca-
nyatiselwe amazwi la kude kube lixesha
lesipelo. 10 Abaninzi baya kuhlanjululwa,
benzwe mhlope, balingwe nokulingwa;
kodwa abakohlakeleyo baya kwenza ngo-
kukohlakeleyo: baye bengayi kuqonda
bonke abakohlakeleyo; kodwa abalumki-
leyo baya kuqonda. 11 Nasemva kwexe-
sha lokususwa kw*edini* elifuti, nelokumiswa
kwento ezondekileyo ecitakalisayo, kuya
kubako imihla iliwaka linamakulu mabini
anamashumi alitoba. 12 Unetamsanqa
lowo ulindayo, ofikela kuyo imihla iliwaka
linamakulu matatu anamashumi matatu
anesihlanu. 13 Kodwa wena, hamba kude
kubeko isipelo; ngokuba uya kupumla,
ume elifeni lako, esipelweni semihla.

# INNCWADI KAHOSHEHA.

## ISAHLUKO I.

ILIZWI LIKAYEHOVA elezayo ku-Hosheha,
unyana ka-Beri, emihleni ka-Huziya,
u-Yotame, u-Ahazi, *no*-Hezekiya, okumkani
bo-Juda; nasemihleni ka-Jerobome, unya-
na ka-Yohashe, ukumkani wo-Sirayeli.
2 Ukuqala kwelizwi LIKAYEHOVA ngaye
u-Hosheha. Wayesiti UYEHOVA ku-Hosheha:
Yiya, uzizekele umfazi wemibulo, naba-
ntwana bemibulo, ngokuba ilizwe liwe-
nzile umbulo omkulu, lahlukene NOYEHOVA
nje.



University of Fort Hare

3 Waza waya wamzeka u-Gomere, into-
mbi ka-Dibelayime; wakaula ke, wamza-
lela unyana. 4 Wayesiti UYEHOVA kuye:
Mbize ngegama elingu-Yezerele; ngokuba
kuya kuba 'mzuzwana kodwa, ndandiya
kwandula ndilohlwayele igazi lase-Yeze-
rele pezu kwendhlu ka-Jehu, ndipelise
nobukumkani bayo indhlu ka-Sirayeli. 5
Kwakuya kuti ngomhla lowo, ukuba ndiya
kwapula isipeta so-Sirayeli emhlanjeni
wase-Yezerele.

6 Wabuya wakaula, wazala intombi;
wayesiti *u-Yehova* kuye: Biza igama layo
ngo-Lo-ruhama: * ngokuba ndingasayi
kwalekela ukuba nenceba ngakuyo indhlu
ka-Sirayeli, koko ndiya kugqibela ukuba-
susa. 7 Kodwa indhlu ka-Juda ndoba
nenceba ngakuyo, ndibasindise ngaye
UYEHOVA, UTIXO wabo, ndingabasindisi
ngesipeta, nangerele, nangokulwa, ngama-
hashe nangabakweli bamahashe.

8 Wada walumla u-Lo-ruhama, wakaula,
wazala unyana. 9 Wayesiti *u-Yehova:*
Biza igama lake ngo-Lo-ami; † ngokuba
ningengabo abantu bami, kanjalo mina
andiyi kuba nguye *u-Tixo* wenu. 10 Noko,
usapo luka-Sirayeli lwoba njengenklabati
yolwandhle, engenako ukulinganiswa no-
kubalwa; kwakuya kuti, endaweni ebe-
kutiwa kulo: Aningabo abantu bami,
kwotiwa kulo: Nilusapo LWOTIXO ohleliyo.
11 Luya kwandula usapo luka-Juda no-
sapo luka-Sirayeli luhlanganiselwe ndawo-
nye, luzimisele inkloko innye, lunyuke
elizweni: ngokuba uya kuba 'mkulu umhla
wo-Yezerele.

2 Yitini kubazalwana benu: Ami; na-
kubo odade benu: Ruhama.

2 PIKANI nonyoko, pikani; ngokuba
engenguye umfazi wami, kanjako andiyiyo
indoda yake; ukuba akwelelise imibulo
yake ebusweni bake, nemirexezo yake kwa
pakati kwamabele ake: 3 hleze ndimhlube
abe zé, ndimmise njengasemhleni waza-
lwayo, ndimenze njengalo ubala, ndimbeke
njengelizwe elomileyo, ndimfise ngenxa-
nwa. 4 Nabantwana bake andiyi kuba
nenceba ngakubo, ngokuba bengabantwa-
na bemibulo bona. 5 Ngokuba unina wabo
enzile umbulo, owabazalayo wenzile ngen-
to ehlazekileyo, ngokuba ebesiti: Ndola-
ndela abatandi bami, abapayo isonka sami
namanzi ami, uboya bami nefelase yami,
ioli yami nento zokusela zami.

6 Ngako oko, bona ke, ndobiyela indhlela
yako ngameva, ndolwenza udonga, ukuba
angafumani imizila yake. 7 Waeya ku-
putuma abatandi bake, kanti akayi kufike-
lana nabo; wobafuna ke, kanti akayi ku-
bafumana: uya kwandula ati: Ndoya ndi-
buyele kweyokuqala indoda yami, ngokuba
bekulungile kumi oko ngapezu kwakaloku.
8 Ngokuba ebengazi ukuba ndimi owam-
payo innqolowa, neveyine entsha, neoli;
nokuba ndamandisela isilivere negolide,
ekungazo benza o-Bali. 9 Ngako oko
ndobuya nditabate innqolowa yami ngexe-
sha layo, neveyine entsha yami ngomzuzu
wayo; ndandiya kususa uboya bami nefe-
lase yami, *ezipiweyo* ukugubungela ubuzé
bake. 10 Nakaloku ndiya kutyila ubu-
hlazo bake ebusweni babatandi bake;
akuko namnye oya kumhlangula esandhleni
sami. 11 Ndandiya kupelisa wonke um-
gcobo wake, imitendeleko yake, innyanga
ezitwasileyo zake, nesabata zake, nazo
zonke inklanganiso zake ezimiselweyo. 12
Kanjalo ndiya kucitakalisa imiti yake ye-
veyine nemikiwane yake, owati ngayo: Le
ingumvuzo wami, endipiwe wona ngaba-
tandi bami; ndandiya kuyenza ibe lihlati,
nezilo zasendhle zoyidhla. 13 Ndomo-
hlwayela imihla yo-Bali, leyo wabaqumi-
sela ngayo, wazihomba ngemisesane yem-
pumlo nangezambalo, wabalandela aba-
tandi bake, wandilibala mina, utsho UYE-
HOVA.

14 Ngako oko, bona ke, ndiya kumce-
nga, ndimkapele enklango, nditete kuyo
inkliziyo yake. 15 Ndandiya kumnika
imiyezo yake kwa lapo, nomhlambo we-
Hakore ube lituba letemba: waeya ku-
vuma kona, njengasemihleni yobutsha
bake, nanjengasemhleni wenyuka ngawo
elizweni le-Jipete. 16 Kwakuya kuti
ngomhla lowo, utsho UYEHOVA, uya kundi-
biza ngokuti: Ishi; akusayi kundibiza
ngokuti: Bali. 17 Ngokuba ndiya kususa
amagama o-Bali emlonyeni wake, baye
bona bengasayi kukunjulwa ngegama labo.
18 Ndandiya kuti ngomhla lowo ndibe-
nzele ucebano kunye nezilo zasendhle,
nakunye nentaka zezulu nezinambuzane
zomhlaba: nesipeta, nesirele, *nezixobo* zo-
kulwa, ndozapula *ndizikupe* elizweni, nda-
ndiya kubenza bati tyambalala ngoku-

* *Oko kukuti:* Ongafumananga innceba.
† *Oko kukuti:* Abangengabantu bami.



University of Fort Hare

nqaba. 19 Ndokuxamela kumi kude kube
ngunapakade; ndokuxamela kumi kwa
ngobulungisa, nangobugwebo, nangobu-
bele, nangenceba. 20 Ewe, ndokuxamela
kumi ngennyaniso; wauya kumazi UYE-
HOVA. 21 Kwakuya kuti ngomhla lowo,
ndiya kupendula, utsho UYEHOVA, ndiya
kupendula amazulu, nawo wona opendula
umhlaba, 22 nomhlaba wopendula innqo-
lowa, neveyine entsha, neoli, nazo zona
ziya kupendula i-Yezerele. 23 Ndandiya
kuyihlwayelela mina emhlabeni, ndoba
nenuceba ngakuye u-Lo-ruhama; ndandiya
kuti ku-Lo-ami: Wena ungabantu bami;
boti bona: TIXO wami!

3 WAYESITI kumi UYEHOVA: Buya uye
utande umfazi otandiweyo ngumhlobo,
noko alirexezakazi, njengokuba UYEHOVA
etanda usapo luka-Sirayeli, nangona lubeke
kotixo bambi, lwatanda izonkana zedreyive.
2 Ndaza ndamtengela mina ng*amaqosha*
esilivere alishumi linesihlanu, nehomere
yeralasi, nesiqingata sehomere yeralasi. 3
Ndaye ndisiti kuye: Wondihlalela mina
imihla ibe mininzi; akuyi kuwenza um-
bulo, kanjalo akuyi kuba ngowendoda
yimbi: nami ndiya ku*hlal*ela wena.
4 Ngokuba usapo luka-Sirayeli luya
kuhlala imihla emininzi lungenakumkani,
lungenankosi, lungenambingo, lungenam-
fanekiso, lungenayefodi, lungenaterafi.
5 Kamva lwobuya usapo luka-Sirayeli,
lufune UYEHOVA, UTIXO walo, no-Davide,
ukumkani walo; lwaluya kuza ngokungca-
ngcazela KUYEHOVA nakuko ukulunga kwa-
ke, emihleni yokupela.

4 YIVANI ilizwi LIKAYEHOVA, lusapo
luka-Sirayeli! ngokuba UYEHOVA ene-
piko nabemi belizwe; ngennxa yokuba
kungeko innyaniso, nobubele, nokwaziwa
KUKATIXO elizweni. 2 Ngokuqalekisa, na-
ngokuxoka, nangokubulala, nangokubà,
nangokurexeza, batyobozile, negazi liyafi-
kelana negazi. 3 Ngako oko ilizwe liya
kulila, nabo bonke abemiyo kulo bocubuka
kunye nezilo zasendhle, nakunye nentaka
zezulu; zaziya kususwa nenklanzi zo-
lwandhle. 4 Noko makangapiki namnye
umntu, kanjako makangamohlwayi omnye;
ngokuba abantu bako benjengabo bapikayo
nomperisite. 5 Ngako uya kuwa emmini,
nomprofite uya kuwa kunye nawe ebusu-
ku; ndandiya kutshabalalisa unyoko wako.

6 Abantu bami bayabujiswa ngokuswela
ukwazi: ngokuba wena ulahlile ukwazi,
nami ndiya kulahla wena, uze ungabi
ngumperisite kumi; ulibele umteto WOTIXO
wako nje, nami ndolibala abantwana bako.
7 Njengokwandiswa kwabo, kwaba njalo
ukundona kwabo: ubungcwalisa babo ndo-
buguqula bube lihlazo. 8 Isono sabantu
bami bayasidhla, nenkohlakalo yabo baya-
yilangazelela. 9 Kwoti ke, njengokuba
benjalo abantu, woba njalo umperisite;
ndiya kuyohlwayela pezu kwabo imikwa
yabo, nezenzo zabo ndozipindezela kubo.
10 Ngokuba beya kutya, kanti abayi ku-
hlutiswa; bowenza umbulo, kanti abayi
kwanda; ngennxa yokuba bayekile ukum-
beka UYEHOVA.
11 Umbulo, neveyine, neveyine entsha,
ziyayisusa inkliziyo. 12 Abantu bami ba-
yabuza emtini wabo, nentonga yabo iya-
shumayela kubo; ngokuba ummoya wemi-
bulo ubalahlekisile; bemkile ngapantsi
KWOTIXO wabo ngombulo. 13 Bayabinge-
lela pezu kwenkloko zentaba, napezu
kwenduli bayaqumisa; ngapantsi kweyeke,
nelibene, neterebinte, ngokuba umtunzi
wazo umnandi: ngako oko intombi zenu
ziyawenza umbulo, nomolokazana benu ba-
yarexeza. 14 Andiyi kwohlwaya intombi
zenu zakuwenza umbulo, nomolokazana
benu bakurexeza; ngokuba kwa bona be-
pambukelana nabapinyiswa, bebingelelana
nengnawokazi: kodwa abantu abangaqi-
qiyo baya kuwiswa pantsi.
15 Nangona wena, Sirayeli! wenza um-
bulo, makangabi natyala u-Juda; zeni-
ngezi e-Gilegale, kanjako ningenyukeli e-
Betavene, zeningafungi ngokuti: Uhleli
UYEHOVA. 16 Ngokuba u-Sirayeli enen-
kani, njengalo itokazi elinenkani; kaloku
UYEHOVA wobadhlisa, njengemvana enda-
weni ebanzi. 17 U-Frayime utelelwe
kwizitixo: myeke. 18 Bati, *nxa* kupelile
ukusela kwabo, bahlale besenza umbulo;
amakaka alo ayatanda ihlazo kakulu.
19 Ummoya ulibopile emapikweni awo,
ukuba badanele imibingo yabo.

5 YIVANI oku, baperisite! nipulapule,
ndhlu ka-Sirayeli! bekani indhlebe na-
ni, ndhlu yokumkani! ngokuba umgwebo
ungakuni, ngennxa yokuba beningumgibe
e-Mitsipa, notambo olwanekiweyo pezu
kwe-Tabore. 2 Abapambuki bandisile uku-
binga, kodwa ndoba ngumohlwayi kubo



University of Fort Hare

bona bonke. 3 U-Frayime ndiyamazi, no-
Sirayeli akandifihlelwanga; ngokuba ka-
loku, Frayime! uwenza umbulo, u-Sira-
yeli uncolisekile. 4 Ababekisi izenzo zabo
nkuba babuyele KUTIXO wabo; ngokuba
ummoya wemibulo upakati kwabo, NOYE-
HOVA abamazanga. 5 Iratshi lika-Sirayeli
liyanqìna ngasebusweni bake; ngako u-
Sirayeli no-Frayime bowa ngenkohlakalo
yabo; no-Juda uya kuwa kunye nabo.
6 Kunye nezimvu zabo, nakunye nenkomo
zabo, boya ukumfuna UYEHOVA: kodwa
abayi kumfumana: usukile kubo. 7 Benzile
ngobuxoki ngakuye UYEHOVA; ngokuba be-
zele abantwana basemzini: kaloku innya-
nga *'unye* yodhla bona nezabiwo zabo.

8 Vutelani ngopondo e-Gibeha, *na*nge-
xilongo e-Rama; memezani e-Betavene:
emva kwako, Benjamine! 9 I-Frayime
yoba yingcitakalo emhleni wokwohlwaywa;
pakati kwezizwe zo-Sirayeli ndikwazisile
oko kuqinileyo. 10 Inkosi zakwa-Juda zi-
yafana nabo abashenxisa umda; ndogalela
pezu kwazo umsindo wami njengamanzi.
11 U-Frayime ubandezelwe, uncinezelwe
ekugwetyweni; ngokuba wavumayo, wa-
landela ingxelo. 12 Ngako mina ndoba
njengenundu ku-Frayime, nanjengokubola
kwindhlu ka-Juda. 13 Wada u-Frayime
wabona isifo sake, no-Juda inxeba lake;
wandula waya u-Frayime e-Asiriya; watu-
ma kuye ukumkani opikayo; kodwa yena
wakohlwa ukunipilisa, akanipolisela inxeba
*lenu*. 14 Ngokuba ndiya kuba njengen-
gonyama ku-Frayime, nanjengengonyama
entsha kwindhlu ka-Juda; mina, mina
ndiya kuqwenga, ndimke ke; ndosusa,
kungeko oya kuhlangula.

15 Ndiya kumka, ndiya kubuyela en-
daweni yami, bade balivume ityala labo,
bafune ubuso bami: nxa basebunzimeni,
bondifuna ngokukuteleyo.

6 Yizani, masibuyele KUYEHOVA, ngokuba
eqwengile, kanti wosipolisa; ubetile,
kanti wosibopa. 2 Wosipilisa emveni kwe-
mihla mibini; wosivusa ngowesitatu um-
hla, sasiya kupila ebusweni bake. 3 Siya
kwandula simazi, siya kuzingisa ukumazi
UYEHOVA: njengokusa kuqinisiwe ukupu-
ma kwake; waeya kuza kuti njengemvula,
njengemvula yasemva, enyelayo umhlaba.

4 NDIYA kwenza 'nto nina kuwe,
Frayime! ndiya kwenza 'nto nina kuwe,
Juda! ngokuba ukulunga kwenu kunje-
ngelifu lomso, nanjengombete omukayo
kusasa. 5 Ngenxa yoku ndibabazile
ngabaprofite, ndibabulele ngamazwi omlo-
mo wami: imigwebo yako iyapuma *nje-
ngo*kukanya. 6 Ngokuba bendifuna ubu-
bele, bendinga*funi* umbingo; nokwaziwa
KUKATIXO, ngapezu kwamadini okutshiswa.
7 Kodwa bona njengabantu bagqitile uce-
bano; apo benzile ngobuxoki ngakumi. 8 I-
Gileyadi sisixeko sabasebenzi benkohla-
kalo, sipauliwe ngemikondo yegazi. 9 Nje-
ngamaqela amabada elalela umntu, *injalo*
inklanganiso yabaperisite; bayabulala en-
dhleleni eya e-Shekeme; ewe, ubutshi-
nitshini babenzile. 10 Ndiyibonile en-
dhlwini ka-Sirayeli into eyoyikekileyo:
kuko apo umbulo ka-Frayime; uncolise-
kile u-Sirayeli. 11 Nawe, Juda! umisele
wena ixesha lokuvuna.

7 EKUBUYISENI kwami ukutinjwa
kwabantu bami, nxa bendipilisa u-
Sirayeli, kwandula kwatyilwa ukwona
kuka-Frayime, nezenzo ezikohlakeleyo ze-
Samariya; ngokuba benzile ngenkohliso;
isela liyangena, iqela lamabada liyapanga
ngapandhle. 2 Abatsho enkliziyweni yabo
ukuti, konke ukukohlakala kwabo ndi-
kukumbule; kaloku izenzo zabo ziyaba-
raula; ziko pambi kwobuso bami. 3 Baya-
vuyisa ukumkani ngenkohlakalo yabo,
nenkosana ngelwimi zabo. 4 Bangaba-
rexezi bonke; banjengeziko lifudunyezwe
ngumoji; oyekayo ukukwezela, emva
kwokuyibuca inklama, ide ifukukiswe. 5
Ngomhla wokumkani wetu, inkosana
ziya*m*enzela isifo ngobushushu beveyine;
uyazolula izandhla zake kunye nabagxeki.
6 Ngokuba zisondeza inkliziyo yazo, nje-
ngeziko, ekulaleleni kwazo; umoji wazo
uyalala 'butongo ubusuku bonke; kwakusa
iyatsha njengomlilo odangazelayo. 7 Ba-
shushu bonke njengeziko, bayabadhla
abagwebi babo; okumkani babo bawile
bonke: akuko namnye pakati kwabo obi-
zayo kumi.

8 U-Frayime uyazidibanisa nezizwe;
u-Frayime usisonkana esingapetulwanga.
9 Abasemzini bayawadhla amandhla ake,
kanti yena akazi: ewe, izimvi zite sa
pezu kwake, kanti yena akazi. 10 Ira-
tshi lika-Sirayeli liyanqìna ngasebusweni
bake; kodwa abaguqukeli KUYEHOVA UTIXO
wabo, abamfuni kanjalo ngako oku konke.
11 U-Frayime unjengehobe elinyabileyo,



University of Fort Hare

lingenangqondo ; bayabizela e-Jipete, ba-
yaya e-Asiriya. 12 Nxa bayayo, ndolwa-
neka pezu kwabo utambo lwami ; ndoba-
hlisa njengentaka zezulu ; ndobabeta, nje-
ngokuba kuviwe enklanganisweni yabo.
13 Makube nzima kubo ! ngokuba bendi-
balekile ; imbujiswa maibe pezu kwabo !
ngokuba beqipukelene nami ; nangona
ndimi owabakululayo, bate bona noko ba-
ziteta ilwimi ngakumi. 14 Abakalanga
kumi ngenkliziyo yabo, nxa balilayo ezili-
lini zabo : bayabutelana ngennxa yennqo-
lowa neveyine entsha ; bayahlukana nami.
15 Ndi*ba*lulekile ; ndizomelezile ingalo
zabo ; bayandiqingela okubi noko. 16 Ba-
yaguquka, *kodwa* aba*guquk*eli kopezu kwo-
nke ; banjengesipeta esikohlisayo ; inkosi
zabo zowa ngesirele, ngennxa yokurala
kwolwimi lwazo : oku kwoba sisihlekiswa
sabo elizweni le-Jipete.

8 IXILONGO *libeke* emlonyeni wako :
*woza* njengokozi ngakuyo indhlu KA-
YEHOVA ; ngokuba begqitile ucebano lwami,
bevukele ngakuwo umteto wami. 2 Baya
kukala kumi, *besiti :* Tixo wami ! siyakwazi
tina 'Sirayeli. 3 U-Sirayeli ulahlile oku-
lungileyo ; utshaba luya kumputuma.
4 Benza okumkani, kodwa bekungenga-
mi ; bamisa inkosi, kodwa mina bendinga-
zazi : bazenzele izitixo ngayo isilivere
yabo negolide yabo, ukuze banqanyulwe.
5 Itole lako, Samariya ! liyintshontsho ;
ingqumbo yami iyavuta ngakubo : baya
kukohlwa kukuba ngewele kude kube ni-
nina ? 6 Ngokuba bekuvela kwa-Sirayeli
kwa lona : inncibi yalenza ; alinguye U-
TIXO lona : ngennyaniso itole lase-Samariya
loba ngamaqekeza. 7 Ngokuba behlwayele
ummoya, kukona baya kuvuna isaqwiti :
akuko izela kubo ; okuhlumayo akuyi ku-
wenza umgubo : ukuba umhlaumbi kuya-
wenza, abasemzini wowuginya. 8 Bagi-
nyiwe o-Sirayeli ; bako kaloku pakati kwa-
baheyideni, njengesitya ekungeko innya-
mekelo kuso. 9 Ngokuba benyukele e-
Asiriya *njeng*eqwara elilodwa : u-Frayime
ubaqeshile abatandi ngamabaso. 10 Kodwa
nakuba baqeshileyo ngamabaso pakati kwa-
baheyideni, ndoti kaloku ndibabute ; ba-
beya kuva ubuhlungu umzuzwana, ngen-
nxa yomtwalo wokumkani wenkosana.
11 Ngokuba u-Frayime ezandisile izi-
bingelo zokwona, kwobako kuye izi-
bingelo zokwona. 12 Ndimbàlele indawo
ezinkulu zomteto wami, *kodwa* zibe zi-
balwa njengento yasemzini. 13 Imibingo
yeminikelo yami, bayabinga innyama,
bayidhle ; *kodwa* UYEHOVA akayibuki : kwa
kaloku uya kukumbula ukukohlakala
kwabo, ohlwayele izono zabo : bobuyela
e-Jipete. 14 Ngokuba u-Sirayeli emli-
bele umenzi wake, wazaka itempile ; no-
Juda uzandisile izixeko ezinqatyisiweyo :
kodwa ndiya kutuma umlilo pezu kwezi-
xeko zake, oya kuzidhla izindhlukazi zazo.

9 UNGAVUYI, Sirayeli ! kude kuvu-
yelelwe, njengezizwe : ngokuba umkile
KUTIXO wako ngombulo ; uwutandile
umvuzo ezibayeni zonke zennqolowa.
2 Isibaya nesincinezelo seveyine aziyi
kubamkelisa ukutya, neveyine entsha
yona yobatshitshela. 3 Abayi kuhlala
elizweni LIKAYEHOVA ; kodwa u-Frayime
wobuyela e-Jipete, nase-Asiriya baya ku-
kudhla okuncolileyo. 4 Abayi kutululela
UYEHOVA iveyine, kanjalo ayiyi kuba
'mnandi kuye imibingo yabo ; yoba nje-
ngesonka sabalusizi kubo ; bonke aba-
dhlayo kuso baya kuncoliswa : ngokuba
isonka sabo soba sesompefumlo wabo ; asiyi
kungena endhlwini KAYEHOVA. 5 Seniya
kwenza 'nto nina emhleni wenklangani-
sano, nasemhleni womtendeleko KAYEHOVA ?
6 Ngokuba, bona ke, bemkile ngennxa
yembubiso ; i-Jipete yobabuta, i-Mofe
yobancwaba ; indawo ezinqwenelekileyo
zesilivere yabo, amarau ozifuya ; ameva
oba sezintenteni zabo. 7 Imihla yokwo-
hlwaya seifikile, imihla yokupindezela sei-
fikile ; u-Sirayeli uya kuyazi : umprofite
usisidenge, umntu womoya uyageza, ngen-
nxa yobuninzi benkohlakalo yako, na*ngen-
nxa* yenzondo enkulu. 8 Umlindi ka-
Frayime uNOTIXO wami ; *kodwa* umprofite
usisigu somtiyeli wentaka ezindhleleni
zake zonke, uyinzondo endhlwini YOTIXO
wake. 9 Bandisile ukuzonakalisa, njenga-
semihleni ye-Gibeha : woyikumbula inko-
hlakalo yabo, uya kwohlwayela izono zabo.
10 Ndamfumana u-Sirayeli njengedre-
yive enklango ; ndababona oyihlo benu
njengolibo lwomkiwane ekuqaleni kwalo ;
*kodwa* baya ku-Bali-pehori, bazahlulela
kwelohlazo ; baba buntshontsho, njengoko
bakutandayo. 11 U-Frayime, ubungewa-
lisa babo bobaleka njengentaka, kwa seku-
zalweni, nasesizalweni, nasekukaulweni.
12 Nakuba bakulisa abantwana, sondiya



niversity of Fort Hare

kubahluta bona, bangabiko pakati kwa-
bantu : koko kuya kuba nzima kubo, nxa
ndimkayo kubo! 13 U-Frayime, njengo-
kuba ndabona i-Tire, utyaliwe endaweni
emnandi ; kodwa u-Frayime wopuma na-
bantwana bake ukuya kumbulali. 14 Ba-
nike, YEHOVA! uya kunika 'nto nina?
banike isisu esipumayo, namabele omileyo.
15 Yonke inkohlakalo yabo ise-Gilegale ;
ngokuba apo ndabatiya ; ngennxa yenko-
hlakalo yezenzo zabo, ndobagxota endhlwini
yami ; andisayi kubuya ndibatande ; zo-
nke inkosana zabo zingabanenkani. 16 U-
Frayime ubetiwe, ingcambo yabo yomile ;
abayi kuhlanza iziqamo : ewe, nangona
bazalayo, ndoti noko ndikufise okutande-
kileyo kwesizalo sabo. 17 UTIXO wami
wobalahla, ngokuba bengamphulapulanga :
boba ngamadungadunga pakati kwezizwe.

10 USIRAYELI ungumti weveyine
onabayo ; uyazihlanzela wona iziqa-
mo ; njengobuninzi beziqamo zake, uza-
ndisile izibingelo ; njengokulunga kwom-
hlaba wake, bazenzile izifanekiso ezihle.
2 Inkliziyo yabo yahlukile, kwa kaloku
bomelwa lityala : yena uya kucita izi-
bingelo zabo, uya kutshabalalisa izifane-
kiso zabo. 3 Ngennyaniso baya kuti ngo-
ku : Asinakumkani ; ngokuba singamo-
yiki UYEHOVA : ukumkani ke, wosenzela
'nto nina? 4 Bawatetile amazwi, befunga
ngobuxoki ekwenzeni ucebano : ngako
oko umgwebo uyahluma njengomfuno ono-
buhlungu emiseleni yentsimi. 5 Ngennxa
yamatole ase-Betavene, abemi base-Sama-
riya boba nokwoyika ; ngokuba abantu
balo beya kulila ngalo, nababingeli balo
*a*babegcoba pezu kwalo, ngennxa yobu-
ngcwalisa balo, ngokuba bumkile kulo. 6
Kwa lona liya kusiwa e-Asiriya, *libe* libaso
kukumkani opikayo : u-Frayime wozuza
idano, no-Sirayeli wodanela elake icebo.
7 I-Samariya ukumkani wayo unqa-
nyulwe ; unjengeceba pezu kwobuso ba-
manzi. 8 Ziya kutshatyalaliswa indawo
ezipakamileyo zase-Avene, isono so-Sira-
yeli ; ameva namakakakaka aya kumila
pezu kwezibingelo zabo : babeya kuti
ezintabeni : Sigubungeleni : nasezindu-
lini : Siweleni. 9 Wonile, Sirayeli! ku-
selokwemihla ye-Gibeha : bemi kwa ko-
na : akuyi kubafumana ukulwa e-Gibeha
ngakulo usapo lwobumenemene. 10 Yin-
kanuko yami ukuba ndibabete ; zaye izi-
zwe ziya kuhlanganiselwa ngakubo, nxa
banxitywayo ngennxa yezikohlakalo zabo
zozibini. 11 U-Frayime ulitokazi eliqeli-
siweyo, litanda ukubula ; kodwa ndidhlule
pezu kwentamo yalo enobuhle ; ndomenza
u-Frayime ukwelwe ; u-Juda uya kupulu-
sha, u-Yakobi woqwakanisa. 12 Zihlwa-
yeleleni ngobulungisa, nivune ngobubele ;
zikubeleleni umhlaba olifusi : ngokuba
lilixesha lokumfuna UYEHOVA, ade afike,
anifundise ubulungisa. 13 Nilimile in-
kohlakalo, nivunile ubumenemene ; ni-
dhlile isixakato sobuxoki : ngokuba nite-
mbele endhleleni yako, ebuninzini bama-
roti ako. 14 Ngako kwovuka isipitipiti
pakati kwabantu bako, nennqaba zako
zonke ziya kucitakaliswa, njengokuba u-
Shalemane wacitakalisa i-Bete-rabele
ngemmini yokulwa : unina watyunyuzwa
kunye nabantwana. 15 Iya kwenje njalo
kuni i-Betele ngennxa yenkohlakalo yenu
enkulu : kusasa wonqanyulwa kanye uku-
mkani wo-Sirayeli.

11 NXA u-Sirayeli abengumntwana,
ndandula ndamtanda, ndambiza unyana
wami apume e-Jipete. 2 *Njengokuba* beba-
bizile, kwa njalo bemka ebusweni babo ;
babingele o-Bali, baqumisela imifanekiso
eqingqiweyo. 3 Ndamfundisa u-Frayime
ukuhamba, ndabatabata ngengalo zabo ;
abakwazi noko ukuba ndimi owabapili-
sayo. 4 Ndabarola ngentambo zabantu,
ngentsontelo zotando : ndandinjalo kubo
njengabafunqulayo iyokwe emihlatini ya-
bo ; ndababekela *ukutya*, ndabadhlisa.
5 Akayi kubuyela elizweni le-Jipete,
kodwa um-Asiriya woba ngukumkani wa-
ke ; ngokuba balile ukuguquka. 6 Saye
isirele siya kuhlika ezixekweni zake, sa-
siya kugqiba imivalo yake, sidhle noku-
dhla, ngennxa yamaqinga abo. 7 Ngo-
kuba abantu bami bejingela ukupambuka
kumi : nangona bababizelayo kopezu kwo-
nke, akuko namnye oya kumpakamisa.
8 Ndingati nina ukukuncama, Frayime?
*ndingati nina* ukukuyekelela, Sirayeli?
ndingati nina ukukwenza njenge-Adema?
*ndingati nina* ukukumisa njenge-Tsebo-
yime? inkliziyo yami ipetukile pakati
kwami, innceba zami ziyavuta kunye. 9
Andiyi kwenza ngobushushu bengqumbo
yami, andiyi kubuya ukutshabalalisa u-
Frayime ; ngokuba ndiNGUTIXO, ndinge-
ngumntu ; ndingoyingcwele pakati kwako ;



University of Fort Hare

andiyi kungena esixekweni. 10 Bomla-
ndela UYEHOVA; wogquma njengengonya-
ma: xeshekweni agqumayo, luya kwa-
ndula usapo luvele ngobunxamo elwandhle.
11 Lwovela ngobunxamo njengehobohobo
e-Jipete, nanjengehobe elizweni le-Asiriya:
ndandiya kuluhlalisa kwezalo izindhlu,
utsho UYEHOVA.

12 UFRAYIME undipahlile ngobuxoki,
nendhlu ka-Sirayeli ngenkohliso: kodwa
u-Juda usesebukosini kunye NOTIXO, u-
nyanisekile kunye nabangcwele.

12 U-Frayime uyawudhla ummoya, uya-
putuma ummoya wasempumalanga;
imihla yonke uyandisa ubuxoki nobande-
zelo; ewe, bayalwenza ucebano ne-Asiriya,
neoli iyasiwa e-Jipete. 2 Kanjalo UYE-
HOVA unepike no-Juda, waeya kumohlwaya
u-Yakobi njengemikwa yake; njengezenzo
zake wobuyekeza kuye. 3 Esizalweni
wambamba umkuluwe wake ngesitende,
nangamandhla ake wenza njengenkosi NO-
TIXO; 4 ewe, wenza njengenkosi ngakuyo
ingelosi, weyisa ke; walila, wataruzisa
kuyo: wamfumana e-Betele, nakona apo
wateta nati; 5 kwa UYEHOVA, UTIXO we-
mikosi; NGUYEHOVA isikumbuzo sake. 6
Ngako wena, guqukela KUTIXO wako; gcina
ububele nobugwebo, ulinde UTIXO wako futi.
7 Ungumtengi, izilinganiselo zenkohli-
so zisesandhleni sake; uyatanda ukuba-
ndezela. 8 Wati noko u-Frayime: Ndi-
tyebile, ndizizuzele ubutyebi; *kuyo* yonke
imisebenzi yami abayi kufumana kumi
inkohlakalo esisono. 9 Kodwa mina ndi-
NGUYEHOVA, UTIXO wako, kuselokwa seli-
zweni le-Jipete; ndobuya ndikuhlalise
ezintenteni, njengasemihleni yomtendeleko
ongcwele. 10 Kanjalo nditetile kubaprofite,
nemiboniso ndiyandisile; nangabo abapro-
fite ndizekelisile. 11 Ngokwennene i-
Gileyadi ikohlakele, ngennyaniso babu-
buxoki; bayazibinga inkabi e-Gilegale;
nezibingelo zabo zinjengemfumba ngase-
miseleni yentsimi.
12 U-Yakobi wesabela elizweni le-
Siriya; u-Sirayeli wakonza ngennxa yom-
fazi; ewe, walusa ngennxa yomfazi. 13
Ngomprofite UYEHOVA wamnyusa u-Sirayeli
e-Jipete, nangomprofite wabegcinwa. 14
U-Frayime wa*m*qumbisa ngento eburara;
ngako igazi lake INKOSI yake yolishiya
pezu kwake, nehlazo lake yolibuyisela
kuye.

13 XESHEKWENI watetayo u-Frayime,
bekuko ukumkwantya, wapakanyiswa
kwa-Sirayeli; kodwa wazeka ityala ngo-
Bali, wabuba. 2 Nakaloku bamana be-
sona ngakumbi, bazenzele imifanekiso
etyityishiweyo ngesilivere yabo, njengo-
kuqonda kwabo, izitixo, umsebenzi wen-
ncibi upela: bati bona ngazo: Abantu
ababingayo mabawange amatole. 3 Ngako
oko boba njengelifu lomso, nanjengombete
omukayo kusasa, njengomququ opetshu-
lwayo sisaqwiti esibayeni, nanjengomsi
*opumayo* esitubeni. 4 Kanti mina ndiNGU-
YEHOVA, UTIXO wako, kuselokwa selizweni
le-Jipete; ngako akuyi kwazi namnye utixo
kupela mina, ngokuba kungeko 'msindisi
ngapandhle kwami. 5 Bendikwazi enkla-
ngo, elizweni elinxaniweyo. 6 Njengoku-
dhliswa kwabo, bekunjalo ukuhluta kwa-
bo; bahluta ke, yati inkliziyo yabo yapa-
kama; ngako oko bandilibala. 7 Ndaza
ndaba njengengonyama kubo, ndabagqala
njengengwe endhleleni. 8 Ndabakaulela
njengebere ehlutiweyo amatole ayo, ndara-
zula isidhla senkliziyo yabo; ndabadhla
kona njengengonyamakazi; iramncwa la-
sendhle labaqwenga.
9 Uzitshabalalisile, Sirayeli! koko u-
ncedo lwako lukumi. 10 Upina ke uku-
mkani wako, ukuze akusindise kuzo zonke
izixeko zako? nabagwebi bako *bapina*, be-
nisiti ngabo: Ndipe ukumkani nenkosi?
11 Ndakunika ukumkani ngengqumbo
yami, ndamsusa ngomsindo wami. 12 In-
kohlakalo ka-Frayime ibotshiwe; isono
sake sibekelwe. 13 Innimba zomfazi oza-
layo zoza pezu kwake; ungunyana onge-
nabulumko; okanye ebengayi kuhlala kade
endaweni yokutyoboza kwabantwana. 14
Ndobahlangula emandhleni enewaba; ndo-
bakulula ekufeni: zipina imbubiso zako,
kufa? sipina isitshabalaliso sako, ncwaba?
ukuguquka kuya kufihlwa emehlweni ami.
15 Nakuba acumileyo pakati kwabazalwana
bake, kwoza noko ummoya wasempumala-
nga, ummoya KAYEHOVA, unyuka elubala;
wanya kwoma umtombo wake, netende
lake liya kutsha: uya kupanga imbekelo
yempahla zonke ezinqwenelekileyo. 16
Iya kucitakaliswa i-Samariya, ngokuba
ivukele ngakuye UTIXO wayo; baya kuwa
ngesirele; intsana zabo zotyunyuzwa, na-
bafazi babo abamitileyo baya kuqangqulu-
lwa.



University of Fort Hare

14 BUYELA, Sirayeli! KUYEHOVA, UTIXO
wako; ngokuba uwile ngenkohlakalo
yako. 2 Tabata nawe amazwi, uze ubu-
yele KUYEHOVA; yitini kuye: Susa inko-
hlakalo yonke, usamkelise okulungileyo;
sasiya kuhlaula ngamatole emilomo yetu. 3
I-Asiriya ayiyi kusisindisa; asiyi kukwela
emahasheni; kanjalo asiyi kubuya siti
emsebenzini wezandhla zetu: Ningotixo
betu: ngokuba kuwe inkedama ifumana
ububele.
4 Ndopilisa upambuko lwabo; ndoba-
tanda ngokuvuma; ngokuba ingqumbo
yami ibuyile kuye. 5 Ndoba njengombete
ku-Sirayeli: uya kutyatyamba njengen-
nyibiba, azendelise ingcambo zake njenge-
Lebanone. 6 Amahlumelo ake otwabulu-
leka, ubuhle bake boba njengomnquma,
woba nevumba njenge-Lebanone. 7 Baya
kubuya abo bahleliyo emtunzini wake;
bohluma *njeng*ennqolowa, batyatyambe nje-
ngomti weveyine: isikumbuzo sake soba
njengeveyine yase-Lebanone. 8 *Woti* u-
Frayime: Ziseyinto nina kumi izitixo?
ndivile mina, ndandiya kumgqala: ndi-
njengomti weberoshe oluhlaza: siyazuzwa
kumi isiqamo sako.
9 Ngubanina onobulumko, ukuba azi-
qonde ezi*zinto? ngubanina* onobutelekelelo,
ukuba azazi? ngokuba indhlela ZIKAYE-
HOVA zifanele; abalungileyo bohamba ku-
zo, kodwa abagqiti baya kukùbeka kuzo.

---

# INNCWADI KAJOWELI.

## ISAHLUKO I.

I LIZWI LIKAYEHOVA elezayo ku-Joweli,
unyana ka-Petuweli:
2 Yivani oku, nina 'badala! bekani
indhlebe, nonke nina 'bemi belizwe! Ku-
be kuhlile oku na emihleni yenu? um-
hlaumbi emihleni yoyihlo benu na? 3
Xelelani abantwana benu ngako, naba-
ntwana benu *mabaxelele* abantwana babo,
nababo abantwana isizukulwana sasemva.
4 Okushiyiweyo ngumqikela, kudhliwe
yinkumbi; nokushiyiweyo yinkumbi, ku-
dhliwe sisiboto; nokushiyiweyo sisiboto,
kudhliwe nguruxeshe.
5 Vukani, nina 'banxili! 'nilile; kalani,
nonke nina 'baseli beveyine! ngennxa ye-
veyine entsha, ngokuba inqamkile emlo-
nyeni wenu. 6 Ngokuba isizwe sinyukele
pezu kwelizwe lami, esinamandhla, esinge-
nakubalwa; amazinyo aso ngamazinyo
engonyama; sinamenyo omhlati engonya-
makazi. 7 Senzele umti weveyine wami
ukucitakala, nomkiwane wami ukwapuka;
sigqibele ukuxoza amaxolo awo, sawuwi-
sa; amagatya awo enziwe 'mhlope. 8 Yiba
nosizi, njengomtshakazi obinqiweyo ngen-
klakanklaka, ngennxa yendoda yobutsha
bake. 9 Umnikelo wokudhla, nomnikelo
wokusela, unqanyulwe endhlwini KAYE-
HOVA: bayalila abaperisite, abakonzi BA-
KAYEHOVA. 10 Ilizwe licitakele, umhlaba
uyalila; ngokuba innqolowa icitakele, ive-
yine entsha yomile, ioli iyacubuka.
11 Yibani nokudana, nina 'balimi bom-
hlaba! kalani, nina 'balimi bemiti yeve-
yine! ngennxa yennqolowa nangennxa
yeralasi; ngokuba ukuvunwa kwelizwe
kububile. 12 Umti weveyine womile, nom-
kiwane ubunile; igranate, nomti wepali-
me, noweapele, yonke imiti yelizwe yomi-
le; ewe, uvuyo lutshile konyana babantu.
13 Binqani, nenze isijwili, nina 'baperi-
site! kalani, nina 'bakonzi besibingelo!
ngenani, nihlale ngenklakanklaka ubu-
suku bonke, nina 'bakonzi BOTIXO wami!
ngokuba umnikelo wokudhla, nomnikelo
wokusela, ubanjiwe kuyo indhlu KATIXO
wenu. 14 Miselani inzilo engcwele, me-
mani inklanganiso enkulu; hlanganisani
abadala, *nabo* bonke abemi belizwe, beze
endhlwini KAYEHOVA, UTIXO wenu, nibizele
KUYEHOVA.
15 Au, umhla lowo! ngokuba umhla
KAYEHOVA ukufupi, nanjengcitakaliso evela
konamandhla onke uya kuza. 16 Ukudhla
akunqanyulwanga pambi kwamehlo etu
na? *kwa no*vuyo nomgcobo endhlwini KA-
TIXO wetu na? 17 Inkozo zibolile ngapa-
ntsi kwamagada azo; izisele zitshabelele,
amaqonga acitiwe, ngokuba innqolowa



University of Fort Hare

yomile. 18 Hai ukugula kwenkomo! *hai*
ukuxakeka kwemihlambi yenkabi! ngo-
kuba zingenadhlelo: ewe, imihlambi ye-
zimvu icitakalisiwe. 19 Ndiyabiza kuwe,
YEHOVA! ngokuba umlilo udhlile amariwa
asenklango, nayo yonke imiti yasendhle
ilangatye liyitshisile. 20 Kwa izilo za-
sendhle ziyakangela ngakuwe: ngokuba
imilanjana yamanzi itshile, namariwa
asenklango umlilo uwadhlile.

2 VUTELANI ngexilongo e-Ziyone, ni-
hlokomise ivuso entabeni yami engcwe-
le: mabangcangcazele bonke abemi be-
lizwe; ngokuba umhla KAYEHOVA usiza,
ngokuba ukufupi: 2 umhla wobumnya-
ma nowesitokotoko, umhla wamafu nowo-
kusibekela kakulu; njengesifingo sokusa
sitwabululekile pezu kwentaba; abantu
abaninzi abanamandhla: akuzanga ku-
beko abanjalo kwa kudala, nasemva kwabo
akusayi kubuya kubeko *abanjalo*, ngayo
iminyaka yezizukulwana ngezizukulwana.
3 Pambi kwabo umlilo uyadhla, nasemva
kwabo ilangatye liyatshisa; ilizwe elipa-
mbi kwabo linjengomyezo we-Hedeni, na-
semva kwabo lubala olucitakeleyo; naka-
njako akuko 'nto eya kusinda kubo. 4
Ukubonakala kwabo kunjengokubonakala
kwamahashe, nanjengabakweli bamahashe,
bobaleka njalo. 5 Baya kuqakata nje-
ngesandi sennqwelo pezu kwengcopo zen-
taba, njengesandi selangatye lomlilo usi-
dhla indiza, njengabantu abomeleleyo be-
cwangciselwe ukulwa. 6 Ebusweni babo
abantu baya kututumela; bonke ubuso bo-
zuza ubumnyama. 7 Bobaleka njengama-
roti; baya kukwela eludongeni njengama-
doda okulwa; bohamba abanye ngabanye
ezindhleleni zabo, abayi kushenxisa izi-
hambo zabo. 8 Omnye akayi kusunduza
omnye; baya kuhamba abanye ngabanye
kwezabo indawo: noko bawayo pakati
kwezikali, abayi kulinyazwa. 9 Baya ku-
sukasuka esixekweni; bobaleka pezu kwo-
donga; bonyukela ezindhlwini; baya ku-
ngena ngefentsile njengesela. 10 Umhlaba
wozamazama ebusweni babo, izulu liya
kungcangcazela; ilanga nennyanga zoba
mnyama, nenkwenkwezi ziya kufinyeza
ukukanya kwazo. 11 Kanjalo UYEHOVA
wokupa ilizwi lake pambi kwempi yake;
umkulu kakulu nje umkosi wake; ewe,
unamandhla, usenza umteto wake: ngen-
nyaniso umhla KAYEHOVA umkulu, ngowo-
yikekileyo kunene; ngubanina ongawu-
nyamezelayo?
12 Nize niti ke kaloku, utsho UYEHOVA,
niguqukele kumi ngayo yonke inkliziyo
yenu, nangokuzila, nangokulila, nangesi-
jwili; 13 nirazule inkliziyo yenu, ku-
ngabi zingubo zenu, niguqukele KUYEHOVA,
UTIXO wenu: ngokuba enofefe nennceba
yena, equmba kade, enobubele obukulu,
enosizi ngobubi. 14 Ngubanina owaziyo?
angaguquka abe nosizi, alishiye itamsanqa
emva kwake, umnikelo wokudhla, nomni-
kelo wokusela, KUYEHOVA, UTIXO wenu. 15
Vutelani ngexilongo e-Ziyone, miselani
inzilo engcwele, memani inklanganiso en-
kulu. 16 Butani abantu; yenzani ngcwele
umhlambi; hlanganisani abadala; butani
abantwana, nabo abawanyayo amabele;
makapume umyeni enkambilini yake, nom-
tshakazi esililini sake. 17 Mabati abape-
risite, abakonzi BAKAYEHOVA, balile pakati
kwentendelezo nesibingelo; mabatsho uku-
ti: Yiba nosizi, YEHOVA! ebantwini bako,
unganikeli esigxekweni ilifa lako, baze
abaheyideni babe nobukosi pezu kwabo:
baya kuti nganina pakati kwabantu: Upi-
na UTIXO wabo?
18 Uya kwandula UYEHOVA abe nobu-
kwele ngennxa yelizwe lake, akedamele
abantu bake. 19 Ewe, uya kupendula
UYEHOVA, ati ebantwini bake: Bona ke,
ndonitumela innqolowa, neveyine entsha,
neoli, naniya kukoliswa zizo: ndandinga-
sayi kunenza nibe sisigxekwa pakati kwa-
baheyideni. 20 Naye um-Node ndiya
kumkwelelisa kude kuni, ndimgxotele
elizweni elomileyo elibugxwayiba, ubuso
bake *bubeka* ngaselwandhle lwasempuma-
langa, nomva wake ngaselwandhle lwa-
sentshonalanga; kwonyuka ukunuka kwa-
ke, ewe, liya kunyuka ivumba elibi lake,
ngokuba ezenzile izinto ezinkulu. 21 U-
ngoyiki, wena 'lizwe! yiba nomgcobo,
uvuye ke, ngokuba UYEHOVA eya kuzenza
izinto ezinkulu. 22 Ningoyiki, nina 'zilo
zasendhle! ngokuba amariwa asenklango
ecuma utyani; ngokuba umti uhlanza u-
kutya kwawo; umkiwane nomti weveyine
iyanika amandhla ayo. 23 Gcobani, bo-
nyana base-Ziyone! nivuye KUYEHOVA, U-
TIXO wenu: ngokuba enipa imvula yanga-
pambili ngento efanelekileyo; waeya ku-
ninisela umvumbi wemvula—imvula ya-
ngapambili nemvula yangasemva *njenga-*
sekuqaleni: 24 zize izibaya zizale yinnqo-



University of Fort Hare

lowa, nefatye zipupume yiveyine neoli.
25 Kwa njalo ndiya kunenzelelela iminyaka
ebidhliwa yinkumbi, nesiboto, noruxeshe,
nomqikela, impi yami enkulu endayitu-
mayo ngakuni. 26 Naniya kutya ngoku-
kolisa, nihlute, nilidumise igama LIKAYE-
HOVA, UTIXO wenu, onenzeleyo ngokungum-
mangaliso: kanjalo abasayi kuba noku-
dana abantu bami napakade. 27 Niya
kwandula ukwazi ukuba mina ndipakati
kwo-Sirayeli, nokuba kwa mina, 'YEHOVA,
ndiNGUTIXO wenu, engeko wumbi; kanjalo
abasayi kuba nokudana abantu bami napa-
kade.

28 KWAKUYA kuti emva kwoko, ndo-
galela UMOYA wami pezu kwoluntu lwonke;
babeya kuprofitesha onyana benu nentombi
zenu; amaxego enu aya kupupa amapupa,
amadodana enu aya kubona imiboniso:
29 ewe, napezu kwezicaka, napezu kwezi-
cakakazi, ndiya kugalela UMOYA wami
ngaleyomihla. 30 Ndandiya kubonaka-
lisa imimangaliso emazulwini nasemhla-
beni, igazi, nomlilo, nemiqulu yomsi.
31 Ilanga liya kuguqulwa libe 'bumnya-
ma, nennyanga ibe ligazi, ungekafiki
umhla omkulu owoyikekileyo KAYEHOVA.
32 Kwakuya kuti, bonke abaya kubiza
egameni LIKAYEHOVA bosindiswa; ngoku-
ba entabeni ye-Ziyone, nase-Yerusaleme,
kuya kubako ukusinda, njengokuba etshilo
UYEHOVA, napakati kwabaseleyo abaya ku-
bizwa NGUYEHOVA.

3 NGOKUBA, bona ke, ngemihla leyo,
nangexesha elo, okuya ndiya kubuyisa
ukutinjwa kwo-Juda ne-Yerusaleme,
2 ndiya kwandula ndizihlanganise zonke
izizwe, ndizihlisele emhlanjeni we-Yeho-
shafate, ndipikisane nazo kona apo, ngen-
nxa yabantu bami nelifa lami o-Sirayeli,
ezibacitileyo pakati kwezizwe, zalaba ili-
zwe lami; 3 ezenzele abantu bami izi-
qashiso, zavuza umpinyiswa ngenkwe-
nkwe, zatenga iveyine ngentombazana,
ukuze zisele. 4 Kanene ke, niyinto nina
kumi, nina 'Tire ne-Tsidone, nayo yonke
imida yase-Filistiya? noyenza impindezelo
kumi na? nakuba nipindezela kumi, ndo-
kauleza ndinxame ndibuyise impindezelo
yenu pezu kweyenu inkloko; 5 ngokuba
isilivere yami negolide yami nizisusile,
nento zami ezinkle, ezinqwenelekileyo, ni-
zisile ezitempileni zenu; 6 nonyana baka-
Juda, nonyana base-Yerusaleme, nibate-
ngisile konyana bama-Javane, ukuze niba-
fuduse kude emdeni wabo. 7 Bona ke,
ndiya kubavusa kulondawo apo nibatengi-
sele kona, ndibuyise impindezelo yenu pezu
kweyenu inkloko; 8 ndandiya kutengisa
onyana benu nentombi zenu esandhleni
sonyana baka-Juda, bati bona babatengise
kuwo ama-Sheba, kwisizwe esikude; ngo-
kuba etshilo UYEHOVA.

9 Shumayelani oku pakati kwezizwe;
lungisani imfazwe; vusani amaroti; maka-
sondele onke amadoda okulwa; makanyuke.
10 Kandani amakuba enu abe zizirele, na-
marenqa enu abe zizikali; makati lowo
obutataka: Ndiliroti. 11 Kaulezani nize,
nonke nina 'zizwe ezingqongayo, nizihla-
nganise! Zuwahlisele apo amaroti ako,
YEHOVA! 12 Mazivuswe izizwe, zinyukele
emhlanjeni we-Yehoshafate; ngokuba apo
ndiya kuhlala ukugweba zonke izizwe ezi-
ngqongayo. 13 Fakani irenqa, ngokuba
isivuno sesivutiwe; yizani, nihle ke, ngo-
kuba isincinezelo seveyine sizele, ifatye
zipupuma; ngokuba inkohlakalo yazo inku-
lu. 14 Izihlwele! izihlwele emhlanjeni
womgwebo! ngokuba ukufupi umhla KA-
YEHOVA emhlanjeni womgwebo. 15 Ilanga
nennyanga zoba mnyama, nenkwenkwezi
ziya kufinyeza ukukanya kwazo. 16 Waeya
kugquma UYEHOVA e-Ziyone, akupe ilizwi
lake e-Yerusaleme; kwongcangcazela ama-
zulu nomhlaba: kodwa UYEHOVA yindawo
yokupepela kubo abanta bake, nennqaba
kulo usapo luka-Sirayeli. 17 Naniya ku-
kwazi ukuba mina 'YEHOVA ndiNGUTIXO
wenu, ndihleli e-Ziyone, entabeni yami
engcwele: iya kwandula ibe ngcwele i-
Yerusaleme, nabasemzini abasayi kubuya
bacande kuyo.

18 Kwakuya kuti ngalomhla, intaba ziya
kutontsela iveyine entsha, nenduli ziya
kwela ngamasi, nayo yonke imilambo
yakwa-Juda yonceenceza ngamanzi, wauya
kupuma umtombo endhlwini KAYEHOVA,
uyinyele intili ye-Shitime. 19 I-Jipete
yoba yingcitakalo, ne-Edome yoba lubala
olucitakeleyo, ngennxa yobudhlwengu obe-
nzelwe onyana baka-Juda, ngokuba bepa-
lazile igazi elingenatyala elizweni labo.
20 Kodwa i-Juda yomiwa ngonapakade,
ne-Yerusaleme ngesizukulwana ngesizuku-
lwana. 21 Ndandiya kuhlambulula igazi
labo *e*ndinga*li*hlambululanga; waye UYE-
HOVA eya kuhlala e-Ziyone.



University of Fort Hare

# INNCWADI KAHAMOSE.

ISAHLUKO I.

AMAZWI ka-Hamose, obepakati kwabalusi base-Tekoha, lawo wawabonayo ngo-Sirayeli, emihleni ka-Huziya, ukumkani wo-Juda, nasemihleni ka-Jerobome, unyana ka-Yohashe, ukumkani wo-Sirayeli, iminyaka mibini singekabiko isingcangcazelo somhlaba.

2 Wayesiti: UYEHOVA uya kugquma e-Ziyone, akupe ilizwi lake e-Yerusaleme; amariwa abalusi aya kulila, nengcopo ye-Karamele yobuna.

3 Utsho UYEHOVA ukuti: Ngennxa yezigqito ezitatu ze-Damakusi, nangennxa yezine, andiyi kubuyisa *ukugwetywa* kwayo; ngokuba bebulile i-Gileyadi ngentsimbi zento yokubula. 4 Ngako ndiya kutuma umlilo endhlwini ka-Hazayeli, oya kuzidhla izindhlukazi zika-Bene-hadadi. 5 Ndandiya kwapula umvalo we-Damakusi, ndinqamle umhlali emhlanjeni we-Avene, nompati wentonga e-Bete-hedeni; baye abantu base-Siriya beya kutinjelwa e-Kire, utsho UYEHOVA.

6 Utsho UYEHOVA ukuti: Ngennxa yezigqito ezitatu ze-Gaza, nangennxa yezine, andiyi kubuyisa *ukugwetywa* kwayo; ngokuba befudusile inani lonke labatinjiweyo, baze ba*ba*nikele ku-Edome. 7 Ngako ndiya kutuma umlilo eludongeni lwe-Gaza, oya kuzidhla izindhlukazi zayo. 8 Ndandiya kunqamla umhlali e-Ashedode, nompati wentonga e-Ashekelone; nesandhla sami ndosibuyisela pezu kwe-Hekrone, bati abasisalela sama-Filistiya babube, itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

9 Utsho UYEHOVA ukuti: Ngennxa yezigqito ezitatu ze-Tire, nangennxa yezine, andiyi kubuyisa *ukugwetywa* kwayo; ngokuba benikele inani lonke labatinjiweyo ku-Edome, bengakumbulanga ucebano lwabazalwana. 10 Ngako ndiya kutuma umlilo eludongeni lwe-Tire, oya kuzidhla izindhlukazi zayo.

11 Utsho UYEHOVA ukuti: Ngennxa yezigqito ezitatu zika-Edome, nangennxa yezine, andiyi kubuyisa *ukugwetywa* kwake; ngokuba eputumile umzalwana wake ngesirele, wazonakalisa ezake izibele; ingqumbo yake yaqwenga futi, nomsindo wake wawugcina ngonapakade. 12 Ngako ndiya kutuma umlilo e-Temani, oya kuzidhla izindhlukazi zase-Botsera.

13 Utsho UYEHOVA ukuti: Ngennxa yezigqito ezitatu zosapo luka-Hamoni, nangennxa yezine, andiyi kubuyisa *ukugwetywa* kwalo; ngokuba luqangqulule abamitiyo base-Gileyadi, ukuze luwandise umdawalo. 14 Ngako ndiya kupemba umlilo eludongeni lwe-Raba, oya kuzidhla izindhlukazi zayo; ngesimemezo emhleni wokulwa, ngoqwitela emhleni wesaqwiti. 15 Waeya kuya ekutinjweni ukumkani walo, yena nenkosana zake kunye, utsho UYEHOVA.

2 Utsho UYEHOVA ukuti: Ngennxa yezigqito ezitatu zika-Mowabi, nangennxa yezine, andiyi kubuyisa *ukugwetywa* kwake; ngokuba etshisile amatambo okumkani we-Edome ada aba yikalika. 2 Ngako ndiya kutuma umlilo e-Mowabi, oya kuzidhla izindhlukazi zase-Keriyote; waeya kufa u-Mowabi ngesipitipiti, ngesimemezo, ngenklokoma yexilongo. 3 Ndandiya kunqamla umgwebi pakati kwayo, nazo zonke inkosana zayo ndozibulala kunye naye, utsho UYEHOVA.

4 Utsho UYEHOVA ukuti: Ngennxa yezigqito ezitatu zo-Juda, nangennxa yezine, andiyi kubuyisa *ukugwetywa* kwabo; ngokuba umteto KAYEHOVA bewudelile, nemimiso yake bengayigcinanga; nezinto ezilulwimi zabo zibalahlekisile, ezo bazilandelayo oyise babo. 5 Ngako ndiya kutuma umlilo kwa-Juda, oya kuzidhla izindhlukazi zase-Yerusaleme.

6 Utsho UYEHOVA ukuti: Ngennxa yezigqito ezitatu zo-Sirayeli, nangennxa yezine, andiyi kubuyisa *ukugwetywa* kwabo; ngokuba betengisile abalungileyo ngesilivere, nabasweleyo ngesibini sezihlangu; 7 ababefulelayo utuli lwomhlaba pezu kwenkloko yamahlwempu, nendhlela yabalulamileyo bayayipambukisa; indoda no-



University of Fort Hare

yise wayo bayangena kwennye intombi, ukuze balidyobe igama lami elingcwele;
8 bayazolula pezu kwengubo ezibanjiselweyo, kufupi nezibingelo zonke; bayasela iveyine yabahlaulisiweyo, endhlwini yotixo babo.
9 Noko, ebendimi owatshabalalisayo um-Amori pambi kwabo, obude bunjengobude besedare, obenamandhla njengeyeke; ndatshabalalisa ke isiqamo sake pezulu, nengcambo zake ngapantsi.
10 Kanjalo ebendimi owabeninyusa elizweni le-Jipete, ndanikokela enklango iminyaka yamashumi mane, niyo kufuya ilizwe lom-Amori.
11 Ndaza ndavusa konyana benu babe ngabaprofite, nakwamadodana enu abe ngabanaziri. Akunjalo na, nina 'lusapo luka-Sirayeli? utsho UYEHOVA.
12 Kodwa nabeniseza abanaziri iveyine, nabayalela abaprofite ngokuti: Ningaprofiteshi.
13 Bona ke, ndiya kunishicilela pantsi, njengokuba ishicilela innqwelo ezele zizitungu.
14 Ngako intsabo iya kububela onamendu, nowomeleleyo akayi kuwomeleza amandhla ake, noliroti akayi kuzisindisa yena.
15 Kanjalo opeteyo isipeta akayi kuma, nonnyawo zinamendu akayi kusinda; okweleyo ehasheni akayi kuzisindisa naye.
16 Ewe, onkliziyo ikalipileyo pakati kwamaroti uya kwesaba zé ngomhla lowo, utsho UYEHOVA.

3 YIVANI elilizwi alitetileyo UYEHOVA ngakuni, lusapo luka-Sirayeli! ngakuso sonke isizalwane endasinyusayo elizweni le-Jipete, lokuti:
2 Nina ndinazile kupela kuzo zonke izizalwane zomhlaba; ngako oko ndiya kuzohlwayela zonke inkohlakalo zenu pezu kwenu.
3 Bohamba ababini kunye na, ukuba abavumelani?
4 Yokonya na ingonyama ehlatini, nxa ingenanto yokuqwenga? yokupa ilizwi layo na ingonyama entsha emnxunyeni wayo, ukuba ayibambanga '*nto?*
5 Intaka iya kuwa na emgibeni pezu kwomhlaba, kungeko kuyo isigu? wojuba na umgibe emhlabeni, nxa kungabanjiswanga nanto?
6 Kwovutelwa ngexilongo esixekweni na, baze bangangcangcazeli abantu ke? kwobako ilishwa esixekweni na, engalenzanga UYEHOVA nje?
7 Ngennyaniso ayiyi kwenza 'nto INKOSI ENGUYEHOVA, ukuba ayityilanga iqinga layo kwizicaka zayo abaprofite.
8 Ikonyile ingonyama, ngubanina ongayi kwoyika? Itetile INKOSI ENGUYEHOVA, ngubanina ongayi kuprofitesha?
9 Vakalisani kuzo izindhlukazi e-Ashedode, nakuzo izindhlukazi ezweni le-Jipete, niti: Zihlanganiseni pezu kwentaba zase-Samariya, nizibone izipitipiti ezikulu ezikuyo, nembandezelo ezipakati kwayo.
10 Ngokuba bengazi ukwenza okulungileyo, utsho UYEHOVA, abakubekelayo okuhlutiweyo nokubadiweyo kuzo izindhlukazi zabo.
11 Ngako oko itsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti: *Kwobako* utshaba, lungqonga ilizwe ke; lwaluya kuhlisa amandhla ako kuwe, nendhlukazi zako ziya kupangwa.
12 Utsho UYEHOVA ukuti: Njengokuba umalusi ehlangula emlonyeni wengonyama imilenze mibini, umhlaumbi intwana yendhlebe, kwa njalo lwohlangulwa usapo luka-Sirayeli, oluhleli e-Samariya enncameni yomandhlalo, nase-Damakusi *enncameni* yento' yokupumla.
13 Yivani, ningqine ngakuyo indhlu ka-Yakobi, itsho INKOSI ENGUYEHOVA, UTIXO wemikosi,
14 ukuba ndoti, emhleni endiya kuzohlwayela izigqito zika-Sirayeli pezu kwake, ndizohlwayele nezibingelo zase-Betele; impondo zesibingelo ziya kunqanyulwa, ziwe pantsi emhlabeni.
15 Ndandiya kubeta indhlu yobusika kunye nendhlu yehlobo; izindhlu zopondo lwendhlovu zoti tshabalalala, nendhlu ezinkulu zoba nokupela, utsho UYEHOVA.

4 YIVANI elilizwi, nina 'zimazi zase-Bashane! ezisentabeni ye-Samariya; ezibandezelayo amahlwempu; ezincinezelayo abasweleyo; eziti kwinkosi zazo: Zisa bo, ukuba sisele.
2 Inkosi ENGUYEHOVA ifungile ubungcwele bayo, ukuti: Bona ke! imihla iza kufika pezu kwenu, nxa niya kususwa ngamagwegwe, nabayinzalo yenu ngamaqeru enklanzi.
3 Naniya kupuma ngeziroba, ezinnye ngezinnye zisiti ngqo pambili; niya kuziwisa kwa kuyo indhlukazi; utsho UYEHOVA.

4 Yizani e-Betele, none ke; yandisani ukwona e-Gilegale; zisani imibingo yenu imiso yonke, *n*amashumi enu ngeminyaka mitatu.
5 Qumisani ngedini lokubulela elinegwele; shumayelani iminikelo yesisa, niyivakalise; ngokuba nitanda okunjalo, nina 'lusapo luka-Sirayeli! itsho INKOSI ENGUYEHOVA.

6 Nangona ndininikile ubumhlope bamazinyo kuzo zonke izixeko zenu, noku-



University of Fort Hare

sweleka kwesonka kuyo yonke imizi yenu,
anibuyelanga kumi noko, utsho UYE-
HOVA. 7 Nangona ndiyibambile kuni
imvula, nxa ziseko innyanga zintatu linge-
kafiki ixesha lokuvuna: ndanisa imvula
pezu kwesinye isixeko, kodwa pezu kwesi-
nye isixeko andiyinisanga; ennye inda-
wana kwaniswa pezu kwayo, yati inda-
wana ekunganiswanga pezu kwayo yoma;
8 zandula izixeko ezibini, *umhlaumbi* ezi-
tatu, zabadulela kwisixeko sinye, kuselwe
amanzi, kodwa bezingakoliswa: anibuye-
langa kumi noko, utsho UYEHOVA. 9 Ndi-
nibetile ngesihumba nangembabala ngento
enninzi; izitiya zenu, nemiyezo yenu, imi-
kiwane yenu, neminquma yenu, uyidhlile
umqikela; anibuyelanga kumi noko, utsho
UYEHOVA. 10 Nditumile pakati kwenu isifo
esibubisayo, ngesiko le-Jipete; amadodana
enu ndiwabulele ngesirele, kunye nama-
hashe enu atinjiweyo; nokunuka kwemi-
nquba yenu ndikunyusele ezimpumlweni
zenu; anibuyelanga kumi noko, utsho UYE-
HOVA. 11 Ndinicitile innxennye, njengo-
kuba UTIXO wacita i-Sodome ne-Gomora;
nabeninjengesikuni esinyotulweyo eku-
tsheni; anibuyelanga kumi noko, utsho
UYEHOVA.

12 Ngako oko ndiya kwenza ngokunjalo
kuwe, Sirayeli! ngokokuba oku ndiya ku-
kwenza kuwe, lungiselela ukumkaulela
UTIXO wako, Sirayeli! 13 Ngokuba, bona
ke, owadala intaba, owenza ummoya; oxe-
layo emntwini into kuyiyo ukucamanga
kwake; okwenzayo ukusa kube bubu-
mnyama, onyatelayo pezu kwendawo ezi-
pezulu zomhlaba; NGUYEHOVA, UTIXO wemi-
kosi, igama lake.

5 YIVANI elilizwi ndilitabatile pezu
kwenu, isililo, ndhlu ka-Sirayeli! 2
Intombi ipela yakwa-Sirayeli iwile, ayiyi
kubuya ipakame; ilahliwe pezu kwelayo
ilizwe; akuko 'mntu oyipakamisayo. 3
Ngokuba isitsho INKOSI ENGUYEHOVA ukuti:
Isixeko esapumayo ngewaka, soshiyelwa
ikulu, neso sapumayo ngekulu, soshiyelwa
ishumi, kwindhlu ka-Sirayeli.

4 Ngokuba esitsho UYEHOVA kwindhlu
ka-Sirayeli ukuti: Ndifuneni mina, nipile
ke. 5 Nize ningafuni i-Betele, ningangeni
e-Gilegale, ningadhluleli e-Beresheba:
ngokuba i-Gilegale iya kutinjwa ngennya-
niso, ne-Betele yoba yinto engendawo. 6
Funani UYEHOVA, nipile ke; hleze ayizume
njengomlilo indhlu ka-Josefe, uze udhle
ke, kungeko owucimayo e-Betele.

7 Nina baguqulayo ubugwebo bube
ngumhlonyane, abakahlelayo emhlabeni
ubulungisa! 8 *mfuneni* owenza isilimela
no-Oriyone; oguqulayo itunzi lokufa libe
kukusa; oyenzayo immini ibe mnyama
njengobusuku; obizayo amanzi olwandhle,
awagalele pezu kwomhlaba; NGUYEHOVA
igama lake: 9 owalamisa intshabalalo pezu
kwonamandhla, iti intshabalalo ize pezu
kwennqaba.

10 Bayamtiya lowo owohlwayayo esa-
ngweni, bayamzonda lowo otetayo ngoku-
lungisa. 11 Ngako oko, ngokuba ninya-
tela olihlwempu, nisamkela kuye itabataba
lennqolowa; nakuba nizakile izindhlu za-
matye aqandulweyo, aniyi kuhlala kuzo;
nakuba nityalile imiyezo enqwenelekileyo,
aniyi kusela iveyine yayo. 12 Ngokuba
ndizazi izigqito zenu *ukuba* zininzi, nezono
zenu *ukuba* zikulu; nibandezela olungi-
leyo, nisamkela ibaso lesinewanewaniso,
nishenxisa amahlwempu esangweni. 13
Ngako oko onokuqonda woti ewaka ngelo-
xesha; ngokuba lixesha lobubi elo.

14 Funani okulungileyo, ninga*funi* oku-
kohlakeleyo, ukuze nipile: kwakuya kuba
njalo,—UYEHOVA, UTIXO wemikosi, woba
nani,—njengokuba nitshilo. 15 Tiyani
okukohlakeleyo, nitande okulungileyo, ni-
mise ubugwebo esangweni; kungati UYE-
HOVA, UTIXO wemikosi, woba nofefe kwisi-
salela sika-Josefe.

16 Ngako oko utsho UYEHOVA, UTIXO we-
mikosi, INKOSI, ukuti: Kuzo zonke izitarate
kwobako isijwili; nakuzo zonke indhlela
baya kuti: Yo! Yo! babize umlimi ekuli-
leni, nabo bonke abakwazi ukukala, esi-
jwilini. 17 Nakuyo yonke imiyezo kwo-
bako isijwili; ngokuba ndiya kucanda
pakati kwako, utsho UYEHOVA.

18 MAKUBE nzima kuni niwunqwe-
nayo umhla KAYEHOVA! uyinto nina ke
kuni umhla KAYEHOVA? woba bubumnya-
ma, awuyi kuba kukukanya. 19 Njengo-
kungati umntu wayibaleka ingonyama,
yaza yahlangana naye ibere; umhlaumbi
wangena endhlwini, wayamisa isandhla
sake pezu kwodonga, yaza yamluma in-
nyoka. 20 Awuyi kuba 'bumnyama na
umhla KAYEHOVA, kungeko ukukanya?
*awuyi kuba* sisitokotoko na, kungeko inka-
zimlo kuwo?



University of Fort Hare

21 Ndiyayitiya, ndiyayidela imitende-
leko yenu; azindiyoleli nenklanganiso
ezinkulu zenu. 22 Noko nindenzelayo
amadini okutshiswa neminikelo yokudhla
yenu, andiyi kuyikolela; neminikelo yo-
xolo yenu yenkomo ezityetyisiweyo andiyi
kuyibuka. 23 Susa kumi intsholo yengoma
zako; nokucula kwehadi zako andiyi ku-
kuva. 24 Mabuqengqeleke ubugwebo
njengamanzi, nobulungisa njengomlanjana
owelayo futi. 25 Imibingo neminikelo
yokudhla niyinikele na kumi enklango,
iminyaka yamashumi mane, ndhlu ka-
Sirayeli? 26 Kanti nayitwala intentana
yo-Moleke wenu, no-Kiyune wemifanekiso
yenu, inkwenkwezi yotixo wenu, lowo
enazenzela yena. 27 Ngako oko ndonifu-
dusela ele kwe-Damakusi, utsho UYEHOVA,
ogama lake LINGUTIXO wemikosi.

6 Makube nzima kubo abasekwonwabeni
e-Ziyone, nakubo abasekunqabeni enta-
beni ye-Samariya, abadumileyo besiqalo
sezizwe, abati indhlu ka-Sirayeli beza
kubo! 2 Gqitelani e-Kalene, nibone;
nimke apo niye e-Hamati enkulu; nandule
nihlele e-Gate yama-Filistiya: bezilungile
pezu kwezikumkani ezi na? imida yazo
ibimikulu kwimida zenu na?
3 *Makube nzima kubo* abakwelelisa kude
immini yobubi, nabasondeza isihlalo soku-
qobola; 4 abalala emindhlalweni yopondo
lwendhlovu, nabazolula ezintweni zoku-
pumla zabo; abadhlayo amatakane emhla-
mbini, namatolo kwa pakati kwesitale; 5
abahlabelayo ngenklokoma yehadi, abati,
njengo-Davide, baziqingela izinto zokucu-
lisa; 6 abaselayo ezindebeni zeveyine,
nabazitambisayo ngamafuta anqabileyo;
kanti abanabuhlungu ngennxa yokwapuka
kuka-Josefe. 7 Ngako oko kaloku bofu-
duka nabatinjwa bokuqala, kwakuya ku-
mka ukumemeza kwabazolulayo.
8 INKOSI ENGUYEHOVA izifungile: utsho
UYEHOVA, UTIXO wemikosi, ukuti: Ndiya-
buzonda ubungcwalisa buka-Yakobi, ndi-
yazitiya nendhlukazi zake: ngako oko
ndosinikela isixeko, nako konke oku-
kuso. 9 Kwakuya kuti, ukuba kusele
amadoda alishumi endhlwini 'nnye, aya
kufa nawo. 10 Kanjalo umalamane
womntu, kwa lowo omtshisayo, womtabata,
kuze kususwe amatambo *ake* endhlwini;
waeya kuti kulowo osemacaleni endhlu:
Useko nawe *umntu* na? waeya kuti yena:
Akuko namnye. Uya kwandula ati: Tutu!
ngokuba singekankanye igama LIKAYEHOVA.
11 Ngokuba, bona ke, UYEHOVA eyalele,
waeya kubeta indhlu enkulu ngentanda,
nendhlu encinane ngemifanta.
12 Amahashe aya kubaleka na pezu
kweliwa? kwopulushwa na *kona* ngenkabi?
ngokuba niguqule ubugwebo bube yinnyo-
ngo, nesiqamo sobulungisa sibe ngumhlo-
nyane: 13 nina nivuyayo ngento engenda-
wo, eniti: Asizitabatelanga impondo nga-
wetu amandhla na? 14 Kodwa, bona ke,
ndiya kuvusa isizwe ngakuni, ndhlu ka-
Sirayeli! utsho UYEHOVA, UTIXO wemikosi;
babeya kunibandezela, kwa sekungenweni
kwe-Hamati kude kubo semlanjaneni wa-
setafeni.

7 YENJE nje ukundibonisa INKOSI ENGU-
YEHOVA: bona ke, yadala imiqikela
ekuqaleni kwokuhluma kwennca yasemva;
bona ke, ibiyinnca yasemva emva kwoku-
sikelwa ukumkani. 2 Kwaza kwati, ya-
kuba igqibile ukuyidhla innca yelizwe,
ndati: NKOSI 'YEHOVA! zuxolele ke! ngu-
banina u-Yakobi *ukuba* eme? ngokuba
emncinane yena. 3 Wati UYEHOVA wano-
sizi pezu kwoku: Akuyi kubako, utsho
UYEHOVA.
4 Yenje nje ukundibonisa INKOSI ENGU-
YEHOVA: bona ke, INKOSI ENGUYEHOVA ya-
biza ukuba kupikwe ngomlilo, waza wayi-
dhla inzulu enkulu, wasidhla nesabiwo. 5
Ndaza ndati: NKOSI 'YEHOVA! zuyeke ke!
ngubanina u-Yakobi *ukuba* eme? ngokuba
emncinane yena. 6 Wati UYEHOVA wano-
sizi pezu kwoku: Nako oku akuyi kubako,
itsho INKOSI ENGUYEHOVA.
7 Yenje nje ukundibonisa: kekaloku,
nantsi INKOSI imi pezu kwodonga *olwaki-
weyo* ngeplumete, inayo iplumete esandhle-
ni sayo. 8 Wayesiti UYEHOVA kumi:
Yinto nina uyibonayo, Hamose? Ndati:
Yiplumete. Yaza yati INKOSI: Bona ke,
ndoyibeka iplumete pakati kwabantu bami
o-Sirayeli; andisayi kupinda ndidhlule
kubo: 9 indawo ezipakamileyo zo-Yisake
zotiwa tshabalala, nendawo ezingcwele zo-
Sirayeli ziya kucitakaliswa; ndandiya
kusukela ngakwindhlu ka-Jerobome nge-
sirele.
10 Wandula u-Amatsiya, umperisite
we-Betele, watuma ku-Jerobome, ukumkani
wo-Sirayeli, esiti: Ucebile ngakuwe u-
Hamose pakati kwendhlu ka-Sirayeli;
ilizwe alingetwale onke amazwi ake.



University of Fort Hare

11 Ngokuba etshilo u-Hamose ukuti: u-
Jerobome uya kufa ngesirele; no-Sirayeli
uya kutinjwa ngennyaniso emhlabeni wake.
12 Waza u-Amatsiya wati ku-Hamose:
Wena 'mboni! hamba, sabela elizweni
lakwa-Juda, uti apo usidhle isonka, na-
lapo uprofiteshe: 13 kodwa ungabi sapi-
nda ukuprofitesha e-Betele: ngokuba yin-
dawo engewele yokumkani, ngumzi wo-
bukumkani kanjalo. 14 Wandula wape-
ndula u-Hamose wati ku-Amatsiya: Bendi-
ngenguye umprofite, bendingenguye no-
nyana womprofite; kodwa bendingumalusi
wenkomo, nombuti wamakiwane: 15 waza
wanditabata UYEHOVA ekulandeleni umhla-
mbi, waye UYEHOVA esiti kumi: Hamba,
profitesha ebantwini bami o-Sirayeli. 16
Ngako kaloku yiva ilizwi LIKAYEHOVA.
Uti wena: Ungaprofiteshi ngaku-Sirayeli;
kanjako, ungakupi 'lizwi ngakuyo indhlu
ka-Yisake. 17 Ngako oko utsho UYEHOVA
ukuti: Umfazi wako woba ngumpinyiswa
esixekweni; onyana bako nentombi zako
baya kuwa ngesirele; nomhlaba wako uya
kwabiwa ngentambo; nawe uya kufa
emhlabeni oncolisekileyo; waye u-Sirayeli
eya kutinjwa ngennyaniso emhlabeni
wake.

8 Yenje nje ukundibonisa INKOSI ENGUYE-
HOVA: kekaloku nasi isitya seziqamo
zehlobo. 2 Yaisiti: Yinto nina uyibonayo,
Hamose! Ndati: Sisitya seziqamo zehlobo.
Waza wati UYEHOVA kumi:

Ekupela sekufikele abantu bami o-Sira-
yeli; andisayi kupinda ndidhlule kubo.
3 Ingoma zendhlukazi zoba zizililo ngom-
hla lowo, itsho INKOSI ENGUYEHOVA; izi-
dumbu zoba zininzi; kuzo zonke indawo
kuya kulahlwa ngokuti tu. 4 Yivani oku,
nina ninxameleyo abasweleyo! ukuze ni-
gqibele amahlwempu elizwe, 5 nisiti: Yo-
pela ninina innyanga etwasileyo, ukuba
sitengise ngennqolowa; nesabata, ukuba
sivulele inkozo? nisenza iyefa ibe 'nnci-
nane, neshekele ibe 'nkulu, nipata ngobu-
xoki izilinganiselo zenkohliso: 6 ukuze
sitenge amahlwempu ngemali, nabasweleyo
ngesibini sezihlangu; siti namakoba enkozo
sitengise ngawo.

7 UYEHOVA ufungile ubungewalisa buka-
Yakobi, *esiti:* Ngennyaniso andisayi kuli-
bala zonke izenzo zabo napakade! 8 Ilizwe
aliyi kungcangcazela na ngennxa yoku?
nabo bonke abemiyo kulo abayi kulila na?
liya kunyuka lipela njengomlambo; liya
kukukuliswa, lintywiliswe nokuntywili-
swa, njenga*ngawo* umlambo wase-Jipete.
9 Kwakuya kuti ngalomhla, itsho INKOSI
ENGUYEHOVA, ndolitshonisa ilanga emmini
enkulu, ndilenze ilizwe libe 'mnyama pa-
kati kwemmini esileyo. 10 Ndoyiguqula
imitendeleko yenu ibe kukulila, nazo zonke
ingoma zenu zibe kukukala; ndiya kunyu-
sela pezu kwazo zonke izinqe inklakankla-
ka, napezu kwenkloko zonke ubunqai;
ndandiya kulenza *ilizwe* njengokulilelwa
umntwana oyedwa, nokupela kwalo nje-
ngomhla orara.

11 Bona ke, imihla iyeza, itsho INKOSI
ENGUYEHOVA, nxa ndiya kutuma indhlala
elizweni; ingeyeyokulanjelwa isonka, i-
ngeyeyokunxanelwa amanzi, iyeyokuva
amazwi KAYEHOVA. 12 Boti *abantu* baba-
dule k*olunye* ulwandhle kude kube *lolunye*
ulwandhle, nakuyo inode kude kube sem-
pumalanga; baya kusukasuka ngokulifuna
ilizwi LIKAYEHOVA, kanti abayi kulifumana.
13 Ngomhla lowo ziya kucubuka intombi
zipela ezinkle, namadodana, linxanwa:
14 abafungayo ityala le-Samariya, batsho
ukuti: Bomi botixo wako, Dane! nokuti:
Bomi besiko le-Beresheba! bowa kwa
bona, bangabuyi bapakame.

9 NDABONA INKOSI imi ngasesibinge-
lweni; yaisiti: Beta umqolo, izo ingca-
ngcazele imigubasi; uyicite pezu kwen-
kloko zabo bonke; nabayinzalo yabo ndo-
babulala ngesirele; akayi kwesaba namnye
wakubo obalekayo, akayi kusindiswa nam-
nye wakubo osindayo. 2 Noko batyobo-
zelayo ehadesi, sobatabata kwa kona isa-
ndhla sami; noko bakwelayo ezulwini,
ndobahlisa kwa kona: 3 nangona bazimela
engcopeni ye-Karamele, ndiya kupengu-
lula, ndibatabate kwa kona; nangona ba-
zifihlayo emehlweni ami emazantsi olwa-
ndhle, ndoyiyalela innyoka kwa kona,
yobaluma ke: 4 nakuba baya ekutinjweni
pambi kwentshaba zabo, ndiya kuyalela
isirele kwa kona, sobabulala ke; ndandiya
kubeka amehlo ami pezu kwabo kube ko-
kubi, kungabi kokulungileyo.

5 Ngokuba INKOSI, UYEHOVA wemikosi,
inguye ocukumisayo umhlaba, uze unyibi-
like; bati bonke abemiyo kuwo balile;
unyuke wona upela njengomlambo, untywi-
liswe njenga*ngawo* umlambo wase-Jipete.
6 Lowo ozakileyo inkambili zake ezulwini,
nesazingo sake usisekele pezu kwomhlaba;



University of Fort Hare

lowo obizayo amanzi olwandhle, awagalele
pezu kwobuso bomhlaba; NGUYEHOVA iga-
ma lake.
7 Aninjengosapo lwama-Tiyopiya na
kumi, lusapo luka-Sirayeli? utsho UYEHOVA.
Andinyusanga na o-Sirayeli ezweni le-
Jipete, nama-Filistiya e-Kafetori, nama-
Siriya e-Kire? 8 Bona ke, amehlo ENKOSI
eNGUYEHOVA angapezu kwobukumkani obu-
bubono, ndandiya kutshabalalisa bona
ebusweni bomhlaba; kodwa noko, andiyi
kugqibela ukutshabalalisa indhlu ka-
Yakobi, utsho UYEHOVA. 9 Ngokuba, bona
ke, ndiya kuxela, ndandiya kuhluza indhlu
ka-Sirayeli pakati kwezizwe zonke, nje-
ngokuba kuhluzwa *innqolowa* ngenkluzo,
kungawi nalunye ukozwana pezu kwom-
hlaba. 10 Baya kufa ngesirele bonke
aboni pakati kwabantu bami, abati: Ububi
abuyi kusifikela, abuyi kusipangela ka-
njalo.

11 NGOMHLA lowo ndolipakamisa
ipempe lika-Davide eliwayo, ndivingce
iziroba zalo; ndandiya kupakamisa ingci-
takalo zalo, ndilake njengasemihleni yaku-
dala: 12 ukuze kufuywe isisalela se-Edome,
nabo bonke abaheyideni ekubizwa pezu
kwabo igama lami, utsho UYEHOVA okwe-
nzayo oku.

13 Bona ke, imihla iyeza, utsho UYEHOVA,
ukuba umlimi womfumana umvuni, nomxo-
vuli wedreyive lowo uhlwayelayo imbewu;
kanjalo intaba ziya kutontsela iveyine
entsha, nazo zonke induli zonyibilika. 14
Ndandiya kubuyisa ukutinjwa kwabantu
bami o-Sirayeli, abaya kuzaka izixeko ezi-
citakeleyo, beme *kuzo:* baya kutyala imi-
yezo, basele iveyine yayo; bozenza nezi-
tiya, badhle isixakato sazo. 15 Ngokuba
ndiya kubatyala emhlabeni wabo; baye
bengasayi kubuya badonyulwe emhlabeni
wabo endiwunikileyo kubo, utsho UYEHOVA,
UTIXO wako.

# INNCWADI KAHOBADIYA.

ISIBONAKALO sika-Hobadiya.
Itsho INKOSI eNGUYEHOVA ngayo i-
Edome ukuti: Sivile intshumayelo ivela
KUYEHOVA, kanjalo isitunywa situnyiwe
pakati kwezizwe, *ukuti:* Sukani, sisukele
ngakuyo ekulweni!
2 Bona ke, ndikwenzile into enncina-
ne pakati kwezizwe; uyadelwa kakulu.
3 Iratshi lenkliziyo yako likukohlisile,
wena umiyo emifanteni yeliwa, okuhlala
kupezulu; oti enkliziyweni yake: Ngu-
banina oya kundihlisela emhlabeni? 4 Na-
kuba ubuya kuzipakamisa njengokozi, na-
kuba ubuya kuyibeka indhlu yako pakati
kwenkwenkwezi, ndokuhlisa kwa kona,
utsho UYEHOVA. 5 Ukuba ebezo kuwe
amasela, ukuba *ebeze* amanyangaza ebusu-
ku, (hai ukubujiswa kwako!) ebengayi
kukubà na oko kuwaneleyo? ukuba be-
beze kuwe abavuni bedreyive, bebengayi
kuzisalisa imbikico na? 6 Hai ukupengu-
lulwa *kwezinto* zika-Esau! *hai* ukufunwa
kwezifihliweyo zake! 7 Bonke abebete-
lelene nawe bakugxotele emdeni; abo abe-
bexolene nawe bakukohlisile, bakweyisile;
*abadhlayo* isonka sako bakubekele umgibe:
akuko ukuqonda kuye. 8 Ngomhla lowo,
utsho UYEHOVA, andiyi kububisa na ama-
lumko e-Edome, nokuqonda entabeni ka-
Esau? 9 Amagora ako, Temani! aya
kumatiswa, ukuze banqanyulwe bonke
abasentabeni ka-Esau ngokubulawa.

10 Ngennxa yobudhlwengu obenzelwa
umninawe wako u-Yakobi, ihlazo lokugu-
bungela, wauya kunqanyulwa kude kube
ngunapakade. 11 Mhlana wamela ngaku-
*ye*, mhlana abohlanga lumbi batimbayo
impi yake, baza abasemzini bangena nga-
masango ake, benzela i-Yerusaleme amaqa-
shiso, ubunjengowakubo nawe. 12 Kodwa
ngeungabonelanga emhleni womninawe
wako, emhleni welishwa lake; waunge
ungavuyelanga usapo luka-Juda, emhleni
wembujiswa yalo; kanjalo ngeungatetanga
ngeratshi, emhleni wobunzima. 13 Nge-
ungangenanga ngesango labantu bami,
emhleni wengozi yabo; ngeungabonelanga
kwa wena ububi babo, emhleni wengozi



University of Fort Hare

yabo; waunge ungolulanga *isandhla* pezu
kwobutyebi babo, emhleni wengozi yabo;
14 kanjalo unga ungemanga engxingweni,
ukuba unqamle abasindileyo bake; waunge
unganikelanga abaseleyo bake, emhleni
wobunzima. 15 Ngokuba umhla KAYEHOVA
ukufupi ngakuzo zonke izizwe; njengoko
ukwenzileyo, kuya kwenziwa kuwe; im-
pindezelo yako yobuyela pezu kweyako
inkloko. 16 Ngokuba, njengokuba nisele
pezu kwentaba yami engcwele, *kwa njalo*
ziya kusela futi izizwe zonke; ewe, ziya
kusela, ziminye ke, zaziya kuba njengo-
kungati zibe zingeko.

17 Kodwa entabeni ye-Ziyone kuya ku-
bako ukusinda, yaiya kuba 'bungcwele;
yoti indhlu ka-Yakobi ifuye imfuyo zabo.
18 Kanjalo indhlu ka-Yakobi yoba ngum-
lilo, nendhlu ka-Josefe *yoba* lilangatye;
yoti indhlu ka-Esau ibe zindiza, babeya
kupemba pakati kwabo, babagqibe; aze
angabiko oseleyo kwindhlu ka-Esau;
ngokuba etshilo UYEHOVA. 19 Abasesu-
yide bofuya intaba ka-Esau, nabasezihla-
njeni ama-Filistiya; bofuya nelizwe la-
kwa-Frayime, nelizwe le-Samariya; no-
Benjamine *wofuya* i-Gileyadi. 20 Aba-
tinjwa balomkosi wosapo luka-Sirayeli,
aba*pakati kwa*ba-Kanane, *bofuya* kude kube
se-Tsarefate; nabatinjwa base-Yerusaleme,
abase-Sefarade, bofuya izixeko zasesuyide.
21 Baye abasindisi beya kunyukela enta-
beni ye-Ziyone, ukuza kugweba intaba
ka-Esau; boti ubukumkani bube BOBUKA-
YEHOVA.

# INNCWADI KAJONA.

## ISAHLUKO I.

ILIZWI LIKAYEHOVA leza ku-Jona, unya-
na ka-Amitai, lisiti: 2 Suka, uye e-
Nineve, esosixeko sikulu, ushumayele nga-
kuso; ngokuba inkohlakalo yabo inyukele
pambi kwami. 3 Kodwa u-Jona wesuka
ukuba asabele e-Tareshishe, *esaba* ebusweni
BUKAYEHOVA; wehla waya e-Jopa, wayifu-
mana innqanawa isiya e-Tareshishe, wa-
nika umvuzo wayo, wangena kuyo, ukuba
ahambe nabo ukuya e-Tareshishe, *esaba*
ebusweni BUKAYEHOVA.

4 Kodwa UYEHOVA wahlisa pezu kwo-
lwandhle ummoya omkulu, kwaza kwa-
bako uqwitela olukulu elwandhle, yada
innqanawa yanga iya kwapuka. 5 Bandula
boyika omatrose, bakala abanye ngabanye
kotixo babo, baziposa impahla ezisennqa-
naweni elwandhle, ukuba yenziwe lula
ngazo; kodwa u-Jona ebehlele emacaleni
ennqanawa, walala ubutongo obukulu.

6 Yaza yasondela kuye inkosi yennqa-
nawa, yati kuye: Yinina, ulele 'butongo
uje? Suka, ubize KUTIXO wako, kungati
uya kusikumbulela UTIXO lowo, ukuba
singabubi.

7 Baye besiti omnye kwomnye: Yizani,
masenze amaqashiso, ukuze sikwazi ku-
ngennxa yobanina elilishwa lipezu kwetu.
Bandula bawenza amaqashiso, lati iqashiso
lawa pezu kwake u-Jona. 8 Baza bati
kuye: Zusixelele ke kungennxa yoba-
nina elilishwa lipezu kwetu? Yinto nina
umsebenzi wako? Uvela pina? Ilizwe
lako lelinina? Ungowasebantwini bapina?
9 Wayesiti kubo: Ndingum-Hebere mina;
ndiyamoyika UYEHOVA, UTIXO wezulu, owa-
dala ulwandhle *nomhlaba* owomileyo. 10
Aza oyika amadoda lawo ngokwoyika oku-
kulu, ati kuye: Yinina lento uyenzileyo?
Ngokuba ebesazi amadoda lawo ukuba
uyesaba ebusweni BUKAYEHOVA, ngokuba
ebewaxelele. 11 Alekela ukuti kuye: Se-
siya kwenza 'nto nina kuwe, luze ulwa-
ndhle lusizolele? ngokuba ulwandhle be-
lumana lusilwa ngakumbi. 12 Wayesiti
kuwo: Ndifunquleni, nindiposele elwa-
ndhle; luya kwandula ulwandhle lunizo-
lele; ngokuba ndisazi kungennxa yami
oluqwitela lukulu lupezu kwenu.

13 Aza amadoda lawo aqûba kakulu u-
kuba abuyisele emhlabeni *innqanawa*; ako-
hlwa noko, ngokuba ulwandhle belumana
lusilwa ngakumbi ngakuwo. 14 Ngako
abiza KUYEHOVA, ati: Uz' uti ke, YEHOVA!
masingabubi ke ngennxa yobomi balendoda,



University of Fort Hare

zungabeki pezu kwetu igazi elingenatyala :
ngokuba wena, YEHOVA ! wenzile njengoko
ukutandileyo. 15 Asuka amfunqula u-
Jona, amposela elwandhle, lwand' ukunqu-
mama ulwandhle ekujaleni kwawo. 16 Aza
amadoda lawo amoyika UYEHOVA ngokwo-
yika okukulu, ambingela UYEHOVA umbingo,
azenza izibambiso.
17 Kekaloku UYEHOVA ebemisele inklanzi
enkulu ukuba iminye u-Jona. Wabentsu-
ku 'ntatu u-Jona esiswini senklanzi leyo.
2 Wandula u-Jona watandaza KUYEHOVA,
UTIXO wake, esesiswini senklanzi, wati :
2 Ndabiza ngenxa yokubandezelwa
kwami KUYEHOVA, wandipendula ke ; nda-
danduluka ndisembilini wehadesi, waliva
wena ilizwi lami. 3 Wabundilahlela enzu-
lwini, kwa pakati kwelwandhle ; wandi-
ngqonga umsinga ; zadhlula pezu kwami
onke amaza ako nengqengqeleko zako.
4 Ndaza ndati : Sendigxotiwe kwa pambi
kwamehlo ako ; noko, ndobuya ndikangele
ngasetempileni yako engcwele. 5 Amanzi
andiraula ada *angena* empefumlweni ; inzu-
lu yandipahla ; ukula lwabotshwa enkloko
yami. 6 Ndehlela emazantsi entaba ; um-
hlaba imivalo yawo ibindingqonga ngo-
napakade : kodwa unyusile ubomi bami eku-
boleni, YEHOVA, TIXO wami ! 7 Nxa umpe-
fumlo wami ubucubukile pakati kwami,
ndamkumbula UYEHOVA ; yati intandazo
yami yeza kuwe, kuyo itempile yako e-
ngcwele. 8 Abo babeka izinto ezingenda-
wo zobuxoki, bayashiya ububele babo.
9 Mina kodwa ndobingela kuwe ngelizwi
lokubulela : oko endibambisile ngako ndiya
kufeza kona : usindiso loLUKAYEHOVA.
10 Wati UYEHOVA wateta kwinklanzi,
yaza yamhlanza u-Jona pezu kw*omhlaba*
owomileyo.

3 ILIZWI LIKAYEHOVA leza ku-Jona ngo-
kwesibini, lisiti : 2 Suka, uye e-Nineve,
esosixeko sikulu, ushumayele kuso isishu-
mayelo endisityelayo kuwe. 3 Wesuka
ke u-Jona, waya e-Nineve, njengelizwi
LIKAYEHOVA.
Kekaloku i-Nineve ibisisixeko esikulu
pambi KWOTIXO, esehambo yemihla mitatu.
4 Waza u-Jona waqala ukungena esixe-
kweni, ihambo yammini 'nnye ; wayeshu-
mayela, wati : Kuseko imihla imashumi
mane, kuya kwand' ukucitwa i-Nineve.
5 Baza abantu base-Nineve bakolwa
NGUTIXO, bashumayela inzilo, bambata in-
klakanklaka, kwa kubo abakulu kwada
kwakubo abancinane. 6 Ngokuba ilizwi
elo lafikela kukumkani wo-Nineve, owe-
suka eteroneni yake, wasusa umnweba
wake, wazigubungela ngenklakanklaka,
wahlala pantsi elututwini. 7 Kwaza kwa-
dandulukwa kwaxelwa e-Nineve, ngomteto
wokumkani nabakulu bake, ukuti : Maku-
ngeva 'nto abantu nenkomo, inkabi negu-
sha ; mabangatyi ukutya, mabangaseli ama-
nzi : 8 mabati abantu nenkomo baguju-
ngelwe ngenklakanklaka, babize KUTIXO
ngamandhla ; kanjalo mabaguquke bonke
ngabanye kuyo indhlela yabo ekohlake-
leyo, nakubo ubudhlwengu obusezandhleni
zabo. 9 Ngubanina owaziyo ? angaguquka
UTIXO abe nosizi, aguquke ebushushwini
bengqumbo yake, size singabubi.
10 Kekaloku UTIXO wabona izenzo zabo,
zokuba baguquka kuyo indhlela yabo eko-
hlakeleyo ; waza UTIXO waba nosizi pezu
kwobubi owabete uya kubenza kubo, aka-
benza ke.

4 Kodwa kwabuhlungu ku-Jona ngobu-
hlungu obukulu, waqumba ke. 2 Waza
watandaza KUYEHOVA, wati : Ke, YEHOVA !
ilizwi lami belingelilo eli na, xeshekweni
bendiseko elizweni lami ? Ngako oko
ndapangela ngokwesabela e-Tareshishe ;
ngokuba bendisazi ukuba wena UNGUTIXO
onofefe nenceba, oqumba kade, onobubele
obukulu, onosizi ngobubi. 3 Nakaloku,
YEHOVA ! uze ususe kumi ubomi bami :
ngokuba kulungile ukufa kwami ngapezu
kwobomi bami.
4 Wandula wati UYEHOVA : Uyalungisa
ukuqumba na ?
5 Wasuka wemka u-Jona esixekweni,
wahlala ngecala lasempumalanga lesixeko,
wazenzela kona ipempe, wahlala ngapantsi
kwalo emtunzini, wada wabona kwohla
'nto nina esixekweni. 6 Waza UYEHOVA
UTIXO wamisela ikikayone, wayinabisela
pezulu pezu kwo-Jona, ukuba ibe ngumtu-
nzi pezu kwenkloko yake, ukumkulula
ebuhlungwini bake. Wati u-Jona wa-
vuya ngovuyo olukulu ngenxa yayo iki-
kayone.
7 Kodwa UTIXO wamisela inklava eku-
nyukeni kwesifingo, kwakusa, eyayona
ikikayone, yada yabuna. 8 Kwaza kwati,
lakupuma ilanga, UTIXO wamisela umoya
wasempumalanga olulwopu, lati ilanga
labalela pezu kwenkloko ka-Jona, wa-
da wacubuka, wazicelela ukuba makafe,



University of Fort Hare

wati: Kulungile ukufa kwami ngapezu
kwobomi bami.
9 Wandula UTIXO wati ku-Jona: Uyalu-
ngisa ukuqumba na ngennxa yekikayone?
Wayesiti: Ndiyalungisa ukuqumba, kude
kube sekufeni.
10 Wayesiti UYEHOVA: Wena ubetwe
lusizi pezu kwekikayone, ongazamanga
ngayo, nongayikulisanga; eyapumayo ebu-
suku bunye, eyabubayo ebusuku bunye
kanjako: 11 nami ke, ngendingabetwa
lusizi na pezu kwe-Nineve, esosixeko si-
kulu, ekukuso abantu abagqita amawaka
alikulu linamashumi mabini abangeqiqe
pakati kwesokunene isandhla sabo nesoko-
hlo sabo, nento enninzi yenkomo?

# INNCWADI KAMIKA.

## ISAHLUKO I.

ILIZWI LIKAYEHOVA elezayo ku-Mika
um-Moreshete, emihleni ka-Yotame,
*no*-Ahazi, *no*-Hezekiya, okumkani bo-Juda,
elo walibonayo ngayo i-Samariya nangayo
i-Yerusaleme,
2 Yivani, bantu, nina nonke! pulapula,
mhlaba, nokuzala kwawo! maiti INKOSI
ENGUYEHOVA ibe linqina ngakuni, INKOSI
isetempileni yayo engcwele. 3 Ngokuba,
bona ke,' UYEHOVA epuma endaweni yake,
waeya kuhla, anyatele pezu kwendawo
ezipezulu zomhlaba. 4 Intaba zonyibilika
pantsi kwake, nemihlambo iya kucandeka,
njengomtwebeba pambi kwomlilo, njenga-
manzi akukuliswayo ngetambeka.
5 Oku konke kungennxa yesigqito sika-
Yakobi, nangennxa yezono zendhlu ka-
Sirayeli. Siyinto nina isigqito sika-Yakobi?
asi yiyo i-Samariya na? Ziyinto nina in-
dawo ezipakamileyo zika-Juda? asi yiyo
i-Yerusaleme na? 6 Ngako ndiya kuye-
nza i-Samariya njengemfumba entsimini,
*na*njengezityalo zasesitiyeni semiti yeve-
yine: amatye ayo ndoweyelisa emhlanjeni,
nemisekelo yayo ndoyityila. 7 Yonke imi-
fanekiso yayo eqingqiweyo yoqekezwa,
nayo yonke imivuzo yayo yotshiswa ngom-
lilo, nazo zonke izitixo zayo ndozenzela
ingcitakalo; ngokuba izihlanganisile ngom-
vuzo wompinyiswa, ziya kubuya zibe
ngumvuzo wompinyiswa kanjako. 8 Nga-
ko oku ndiya kukala, ndilile nokulila,
ndiya kuhamba ndihlubulukile, ndizé;
ndokwenza ukukala njengennenka, noku-
newina njengenyciniba. 9 Ngokuba ama-
nxeba ayo engenakupoliswa; ngokuba eze
nakwa-Juda: ufikele esangweni labantu
bami, kwa se-Yerusaleme.
10 Ningashumayeli e-Gate, ningake ni-
lile: uti e-Bete-hofera uqikaqikeke elutu-
lini. 11 Dhlula, wena 'mhlalikazi wase-
Shafire! onobuzé, onehlazo; akapumi
umhlalikazi wase-Tsanane; isijwili se-
Bete-atsele siyasusa isima saso kuni. 12
Ngennyaniso umhlalikazi wase-Marote uya-
tutumbela okulungileyo; ngokuba ububi
buhlile KUYEHOVA, *busiza* esangweni le-
Yerusaleme. 13 Bopa ihashe eliyimbaleki
ennqwelweni, wena 'mhlalikazi wase-
Lakishe! (ibikukuqala kwokwona yona
kwintombi yase-Ziyone;) ngokuba izigqito
zika-Sirayeli bezifunyanwa kuwe. 14
Ngako oko uya kunika isindululo kwi-
Moreshete-gate; izindhlu zase-Kazibe zoba
yinto ekohlisayo kubo okumkani bo-Sira-
yeli. 15 Kanjako, ndozisa umfuyi kuwe,
wena 'mhlalikazi wase-Maresha! woza e-
Hadulame, ubungcwalisa bakwa-Sirayeli.
16 Zenze 'bunqai, uzigugule ngennxa ya-
bantwana bako abamnandi; yenza banzi
ubunqai bako, njengokozi; ngokuba be-
fudusiwe kuwe.

2 KWOBA nzima kubo abaqingayo inko-
hlakalo, abadalayo ububi ezililini zabo!
ekukanyeni kwokusa bayabenza, ngokuba
busemandhleni esandhla sabo. 2 Baya-
nqwenela amasimi, bandule bawapange, ne-
zindhlu, bandule bazisuse; bayabandezela
indoda nendhlu yayo, kwa indoda nelifa
layo. 3 Ngako oko utsho UYEHOVA ukuti:
Bona ke, ndiyaqingela esisizalwane ububi,
eningayi kushenxisa intamo zenu kubo;



University of Fort Hare

kanjako aniyi kuhamba ngokuzidhla; ngo-
kuba loba lixesha elibi elo. 4 Ngalomhla
kwotetwa ingoma ngani, kwakuya kulilwa
ngesililo esilusizi, kwotiwa: Sigqityelwe
ukucitakaliswa. Uguqule isabiwo sabantu
bami: hai ukusishenxisa kwake kumi!
wabele umpambuki amasimi etu! 5 Ngako
oko akuyi kubako kuwe oposa intambo
ngeqashiso, emhlambini KAYEHOVA. 6 Ni-
ngaprofiteshi; *batsho kubo* abaprofiteshayo:
*ukuba* abayi kuprofitesha kubo aba, akuyi
kumka amahlazo. 7 Wena obizwayo ngen-
dhlu ka-Yakobi! umoya KAYEHOVA ufinyele
na? zizenzo zake ezi na? amazwi ami
akamncedi na lowo ulungisayo ukuhamba
kwake? 8 Kodwa kudala bavukile abantu
bami njengotshaba; niyabahluba umnweba
kunye nengubo abo badhlulayo ngoku-
nqaba, bebuya ekulweni. 9 Abafazi baba-
ntu bami niyabagxota ekayeni labo eli-
mnandi; niyasusa kubantwana babo ubu-
ngcwalisa bami kude kube ngunapakade.
10 Sukani, nimke! ngokuba ingeyiyo le
*indawo* yokupumla kwenu; ngennxa yo-
kuncola iya ku*ni*cita, kwa ngengcito enzi-
ma. 11 Ukuba umntu, ohamba emmoyeni
nasebuxokini, uyaxoka, *esiti*: Ndiya kupro-
fitesha kuwe ngeveyine nangoselo oluna-
mandhla; nguye lo oya kuba ngumprofite
wababantu.
12 Ndiya kukuhlanganisa upela ngen-
nyaniso, Yakobi! ndiya kusibuta ngennya-
niso isisalela so-Sirayeli; ndobabeka
ndawonye njengezimvu zase-Botsera, nje-
ngomhlambi pakati kwedhlelo lawo; baya
kwenza impitimpiti ngennxa *yobuninzi* ba-
bantu. 13 Umtyobozeli unyukele pambi
kwabo; bayatyobozela, badhlulele esa-
ngweni; bayapuma ngalo; ukumkani wabo
uyadhlula pambi kwabo, NOYEHOVA enklo-
kweni yabo.

3 NDANDISITI: Yivani ke, nina 'zin-
kloko zika-Yakobi, nani 'bagwebi ben-
dhlu ka-Sirayeli! asi kuko okwenu na
ukwazi ubugwebo? 2 Abati okulungileyo
bakutiye, nokukohlakeleyo bakutande;
abaxwebula inklonze yabo kubo, nennyama
yabo ematanjeni abo: 3 abati kanjalo ba-
yidhle innyama yabantu bami, bayobule
inklonze yabo kubo; namatambo abo baya-
wapula, bawaxaxele njengasembizeni, na-
njengennyama pakati kwongxawo. 4 Oko
baya kubiza KUYEHOVA, kodwa akayi kuba-
pendula; uya kufihla ubuso bake kubo
ngexesha elo, njengokuba bezikohlakalisile
izenzo zabo.
5 Utsho ukuti UYEHOVA ngabo abaprofite
abalahlekisa abantu bami, abaluma ngama-
zinyo abo, bashumayele uxolo; kodwa lowo
ongafakeli emilonyeni yabo, bayalungisa
imfazwe ngakuye: 6 Ngako oko noba ni-
nobusuku, singabiko isiboniso; noba nino-
bumnyama, kungabiko ukulaula; ewe, ila-
nga liya kubatshonela abaprofite, nemmini
yoba mnyama pezu kwabo. 7 Baya kwa-
ndula ababoni ukudana, nabalauli uku-
mata; bona bonke bogubungela imbovu
yabo, ngokuba ingeko impendulo KUTIXO.
8 Kodwa ngennyaniso ndizele ngamandhla
ngomoya KAYEHOVA; *ndizele* nalugwebo no-
kalipo; ukuba ndixele ku-Yakobi isigqito
sake, naku-Sirayeli isono sake.
9 Yivani ke oku, nina 'zinkloko zendhlu
ka-Yakobi, nani 'bagwebi bendhlu ka-Sira-
yeli! abazondayo ubugwebo, nako konke
okufaneleyo bakwenze gwenxa; 10 besaka
i-Ziyone ngegazi, ne-Yerusaleme ngen-
kohlakalo. 11 Inkloko zayo ziyagweba
ngennxa yamabaso, nabaperisite bayo ba-
yafundisa ngennxa yomvuzo, nabaprofite
bayo bayalaula ngennxa yemali: noko ba-
yayama KUYEHOVA, besiti: UYEHOVA akapa-
kati kwetu na? ububi abuyi kuza pezu
kwetu. 12 Ngako oko, ngennxa yenu,
i-Ziyone iya kukùtyelwa *njeng*entsimi, ne-
Yerusaleme yoba zimfumba, nentaba yale-
ndhlu yoba yimimango ebuhlati.

4 Kwakuya kuti emihleni yokupela, intaba
yendhlu KAYEHOVA yoqiniselwa engcopo
yentaba, ipakanyiselwe pezu kwenduli,
ziti izizwe zele kuyo. 2 Ewe, zohamba
inklanga ezininzi, ziti: Yizani, masi-
nyuke siye entabeni KAYEHOVA, nasen-
dhlwini YOTIXO ka-Yakobi, ukuba asifu-
ndise indhlela zake, nokuba sihambe emi-
kweni yake; ngokuba umteto uya kupuma
e-Ziyone, nelizwi LIKAYEHOVA e-Yerusa-
leme. 3 Waeya kugweba pakati kwezizwe
ezininzi, azohlwaye inklanga ezinama-
ndhla, ezikude; zide zikande izirele zazo
zibe ngamakuba, nezikali zazo zibe ngama-
renqa: *olunye* uhlanga aluyi kupakamisa
isirele ngakw*olunye* uhlanga; kanjalo *aba-
ntu* abasayi kuba safunda ukulwa; 4 kodwa
baya kuhlala abanye ngabanye ngapantsi
kwomti weveyine wabo, nangapantsi kwom-
kiwane wabo, kungeko oya kuboyikisa;
ngokuba utshilo umlomo KAYEHOVA wemi-
kosi.





University of Fort Hare

5 Nakuba zihamba izizwe zonke, ezinye
ngezinye, ngegama lotixo wazo, sohamba
tina ngegama LIKAYEHOVA, LOTIXO wetu,
kude kube ngunapakade kanapakade.
6 Ngomhla lowo, utsho-UYEHOVA, ndiya
kuhlanganisa abaqwalelayo, ndibabute
abagxotiweyo, nabo endibabandezeleyo;
7 ndandiya kubenza abaqwalelayo babe
sisisalela, nabo abebefuduselwe kude, babe
sisizwe esinamandhla: waye UYEHOVA eya
kuba ngukumkani pezu kwabo entabeni
ye-Ziyone, kwa kaloku nje, nakude kube
ngunapakade. 8 Nawe, nqaba yomhlambi,
nduli yentombi yase-Ziyone! kwa kuwe
buya kuza, ewe, buya kuza ubukosi bapa-
mbili, ubukumkani bentombi yase-Yerusa-
leme.

9 KUNGANINA kaloku ukumemeza
kwako kangaka? akuko kuwe ukumkani
na? amapakati ako abubile na, ukuba ubu-
hlungu bukubambile njengomfazi oza ku-
zala? 10 Yiba nobuhlungu, ukupe, ntombi
yase-Ziyone! njengomfazi oza kuzala:
ngokuba kaloku uya kupuma esixekweni,
uya kuma ezindhleni, woya kwa se-Babi-
lone; kona apo uya kuhlangulwa, kona
apo UYEHOVA wokukulula esandhleni sen-
tshaba zako.
11 Nakaloku inklanga ezinninzi zibute-
lene ngakuwe, ziti: Maidyojwe; maka-
bonele i-Ziyone amehlo etu. 12 Kodwa
zona azazi amaqinga KAYEHOVA, aziliqondi
necebo lake; ngokuba eya kuzibuta nje-
ngezitungu esibayeni. 13 Suka, ubule ke,
ntombi yase-Ziyone! ngokuba ndiya ku-
lwenza upondo lwako lube sisincete, nem-
pupu zako ndiya kuzenza zibe lubedu;
wauya kutyumza izizwe ezininzi; inzuzo
yazo ndoyahlukanisele KUYEHOVA, nobu-
tyebi bazo KWINKOSI yomhlaba wonke.
5 Kaloku zihlanganise ngamabandhla,
ntombi yamabandhla! sibekiwe ekuvi-
ngceleken: ngoswazi bambetile esidhle-
leni umgwebi wo-Sirayeli!
2 Nawe, Beteleheme Eferata! umnci-
nane ukuba pakati kwamawaka akwa-Sira-
yeli; *kodwa* kuwe kwopumela kumi ukuba
ngumpati kwa-Sirayeli, ozipumo zake zibe
zikudala, emihleni yonapakade. 3 Noko
wobayekelela kude kube lixesha azeleyo
lowo oya kuzala; bandule abazalwana bake
abaseleyo babuyele elusatsheni luka-Sira-
yeli. 4 Waeya kuma ke, aluse ngama-
ndhla KAYEHOVA, ngobukulu begama LIKA-
YEHOVA, UTIXO wake: babeya kuhlala;
ngokuba kaloku eya kuba 'mkulu kude
kube sezinncameni zomhlaba. 5 Woba
luxolo kwa lowo.
Xeshekweni um-Asiriya aya kungena
ezweni letu, naxeshekweni aya kunyatela
kuzo izindhlukazi zetu, siya kwandula si-
vuse ngakuye abalusi abasixenxe, nama-
doda atanjisiweyo asibozo. 6 Baya ku-
gqiba ilizwe le-Asiriya ngesirele, nelizwe
lika-Nimrode ezingenweni zalo: waeya
kusisindisa kum-Asiriya, okuya aya ku-
ngena elizweni letu, nokuya aya kunyatela
emideni yetu. 7 Isisalela sika-Yakobi so-
bako pakati kwezizwe ezininzi, njengom-
bete uvela KUYEHOVA, njengemvula pezu
kwemifuno, engalindeli umntu, engaliba-
lela onyana babantu kanjako. 8 Ewe,
isisalela sika-Yakobi sobako pakati kwaba-
heyideni, pakati kwezizwe ezininzi, nje-
ngengonyama pakati kwezilo zehlati, nje-
ngengonyama entsha pakati kwemihlambi
yezimvu, eti, nxa icandayo, inyatele pa-
ntsi ke, iqwenge nokuqwenga, kungeko
osindisayo. 9 Isandhla sako sopakanyiswa
pezu kwabayimpi kuwe, nazo zonke
intshaba zako ziya kunqanyulwa.
10 Kwakuya kuti ngomhla lowo, utsho
UYEHOVA, ukuba ndiya kunqamla amahashe
ako kwa pakati kwako; nennqwelo zako
ndiya kuzitshabalalisa. 11 Ndandiya ku-
zinqamla izixeko zelizwe lako, nazo zonke
innqaba zako ndozicita. 12 Ndiya ku-
bunqamla nobugqi esandhleni sako, uze
ungabi nabo abalauli. 13 Ndandiya kuyi-
nqamla imifanekiso yako eqingqiweyo ne-
zifanekiso ezimiyo zako kwa pakati kwa-
ko; akusayi kupinda ubedeshe umsebenzi
wezako izandhla. 14 Nemifanekiso yako
ka-Ashera ndoyidonyula kwa pakati kwa-
ko, nezixeko zako ndozicitakalisa. 15
Ndandiya kuyenza impindezelo ngengqu-
mbo nangomsindo pezu kwabaheyideni,
abo abangapulapulanga.

6 YIVANI ke oko akutshoyo UYEHOVA:
Suka, upike ebusweni bentaba, nenduli
mazilive ilizwi lako. 2 Yivani, zintaba!
ipike LIKAYEHOVA, nani 'misekelo yomhlaba
emiyo futi! ngokuba UYEHOVA enepike na-
bantu bake, uya kupikisana no-Sirayeli.
3 Bantu bami! ndenze 'nto nina kuni?
ndinidinisile nganto nina? ndinqineleni.
4 Ngokuba ndaninyusa elizweni le-Jipete,
ndanikulula endhlwini yobukoboka; ka-



University of Fort Hare

njalo ndatuma pambi kwenu u-Mosesi,
*no*-Arone, no-Miriyame. 5 Bantu bami!
kumbulani ke oko wakucebayo u-Balaki
ukumkani wama-Mowabi, noko wampendu-
layo ngako u-Bilame unyana ka-Behori,
*noko kwehlayo* e-Shitime kude kwase-
Gilegale, ukuze nizazi izenzo ezilungileyo
ZIKAYEHOVA.

6 Ndiya kuza pambi KWOYEHOVA nganto
nina? ndiya kuzitoba KUTIXO opezulu
*nganto nina?* ndiya kuza pambi kwake
ngamadini okutshiswa na? *ndiya kuza* nga-
matole omnyaka 'mnye na? 7 Wokoliswa
UYEHOVA ngamawaka enkunzi zegusha na?
ngamawaka alishumi emilambo yeoli na?
ndiya kunika owamazibulo wami na *ngen-
nxa* yesigqito sami? isixakato sombilini
wami na *ngennxa* yesono sompefumlo wa-
mi? 8 Ukuxelele, mntundini! into kuyiyo
okulungileyo: kekaloku UYEHOVA uyafuna
'nto nina kuwe, kupela ukwenza okufane-
lekileyo, nokutanda ububele, nokuhamba
NOTIXO wako ngokululamileyo?

9 Ilizwi LIKAYEHOVA liyabiza esixekwe-
ni: (olumkileyo wobeka igama lako:)
Yivani intonga, nalowo oyimiseleyo. 10
Kuseko na endhlwini yokohlakeleyo in-
dyebo zenkohlakalo, neyefa elula, ezonde-
kileyo? 11 Bendiya kuba 'msulwa na,
ndinezilinganiselo ezikohlakeleyo, ndinen-
nxowa yamatye okulinganisa enkohliso?
12 Ngokuba izityebi zaso zizele bubu-
dhlwengu, nabemi baso batetile ubuxoki,
nolwimi lwabo bubukohliso emlonyeni
wabo. 13 Ngako kanjalo ndiya *kukwenza*
usifa ngokukubeta, ngoku*ku*citakalisa ngen-
nxa yezono zako. 14 Wena ungatya, ko-
dwa akuyi kuhlutiswa, wanya kubohla
pakati kwako; kanjako ungafudusa, kodwa
akuyi kusindisa, noko ukusindisayo ndo-
kunikela esireleni. 15 Wena ungahlwa-
yela, kodwa akuyi kuvuna; ungaxovula
amanqunma, kodwa akuyi kuzitambisa nge-
oli; *nedreyive* zeveyine entsha, kodwa akuyi
kusela iveyine. 16 Ngokuba kugciniwe
imimiso ka-Omri, nako konke ukwenza
kwendhlu ka-Ahabi; ewe, niyahamba ema-
qingeni abo: ukuze ndikwenze into yoku-
telwa nqa, nabemi baso into yokwenzelwa
amakwelo; ngako oko niya kutwala ugxe-
kwa lwabantu bami.

7 AU mina! ngokuba ndinjengokuya
kubutiwo iziqamo zehlobo, njengokuya
kubikiciwe ekuvunweni kwazo idreyive:
akuko isipa sokutyiwa; umpefumlo wami
uyakanuka amakiwane avutwa kuqala. 2
Onobubele ububile elizweni; onobunene
pakati kwabantu akako; bonke bayalalela
igazi; bayazingelana ngotambo. 3 Iza-
ndhla zabo zikolisile ukwenza inkohla-
kalo; inkosi iyacela, nomgwebi *uyacelela*
umvuzo; nomntu omkulu yena uyateta
inkanuko yompefumlo wake; bayayipata
*indawo* ngobugwenxa. 4 Odhlula ngoku-
lunga pakati kwabo unjengameva; odhlula
ngobunene *ubukali* pezu kwotango lwemi-
nga; umhla wabalindi bako, owokwohlwa-
ywa kwako, uyeza; kwobako kaloku
ukuxakeka kwabo. 5 Ningakolwa kumli-
ngane; ningatembeli kwisihlobo: kulowo
ulalayo esifubeni sako gcina ingcango
zomlomo wako. 6 Ngokuba unyana ecekisa
uyise; intombi iyasukela unina; umoloka-
zana *uyasukela* unondoda; intshaba zomntu
zingabantu beyake indhlu.

7 Mina kodwa ndiya kukangela KUYE-
HOVA; ndiya kumlinda UTIXO wosindiswa
lwami; woti UTIXO wami andive. 8 Unga-
ndivuyeli, lutshaba lwami! nakuba ndi-
wile, ndobuya ndipakame; nakuba ndi-
hlala ebumnyameni, UYEHOVA ulukanyiso
kumi. 9 Ukurala KUKAYEHOVA ndiya ku-
kunyamezela, ngokuba ndonile ngakuye;
ade apikise upikiso lwami, alungise ityala
lami: wondipumisela ekukanyeni; ndiya
kubona ubulungisa bake. 10 Utshabakazi
lwami nalo luya kubona, lize idano lilugu-
bungele; olwati kumi: Upina UYEHOVA,
UTIXO wako? amehlo ami olukangela; ka-
loku lwoba yinto yokunyatelwa njengen-
kunkuma yezitarate. 11 Umhla kuya
kwakiwa indonga zako, kwa umhla lowo
kwopumela kude umteto. 12 Kwa umhla
lowo baya kuza kuwe bevela e-Asiriya
kude kube se-Jipete, nakuyo i-Jipete kude
kube semlanjeni, nakulwandhle *kude kube*
lulwandhle, nakwintaba *kude kube* yintaba.
13 Kodwa ilizwe loba yingcitakalo ngen-
nxa yabemi balo, ngenuxa yesixakato se-
zenzo zabo.

14 Yalusa abantu bako ngentonga, um-
hlambi welifa lako, abahlala bodwa ehla-
tini, pakati kwe-Karamele; mabadhlele
e-Bashane nase-Gileyadi, njengasemihleni
yakudala.

15 Njengasemihleni yokupuma kwako
e-Jipete, ndiya kubabonisa imimangaliso.
16 Abaheyideni baya kubona, badanele
onke amandhla abo; isandhla bosibeka



University of Fort Hare

pezu kwomlomo; indhlebe zabo zoba 'bu-
tulu. 17 Baya kukota utuli njengennyo-
ka; njengezinambuzane zomhlaba baya
kungcangcazela *bepuma* ezinnqatyeni za-
bo; bobeka ngokunkwantya KUYEHOVA,
UTIXO wetu, bakwoyike wena.
18 Ngubanina ONGUTIXO njengawe, oxo-
lela inkohlakalo, odhlula ekwoneni kwesi-
salela selifa lake? akábambi ingqumbo
yake kude kube ngunapakade, ngokuba
etanda ububele yena. 19 Wobuya abe
nennceba kuti; uya kuzeyisa inkohlakalo
zetu; ewe, zonke izono zabo woziposela
ezinzulwini zolwandhle wena. 20 Uya
kunika innyaniso *ebixelwa* ku-Yakobi, no-
bubele *obebuxelwa* ku-Abrahame, obufunge-
leyo kobawo betu kwa kuselokwemihla
yakudala.

---

# INNCWADI KANAHUME.

ISAHLUKO I.

UMGWEBO ngayo i-Nineve. Innewadi
yesibonakalo sika-Nahume um-Ele-
koshe.
2 UYEHOVA UNGUTIXO onekwele, opinde-
zelayo; UYEHOVA ungumpindezeli, ungo-
nomsindo; UYEHOVA ungumpindezeli kubo
abayimpi kuye; uyabambela intshaba zake
*ingqumbo*. 3 UYEHOVA uqumba kade, ko-
dwa umkulu ngamandhla, akakuka agwe-
bele *abanetyala*: UYEHOVA indhlela yake
isesaqwitini naseluqwiteleni, namafu alu-
tuli lwennyawo zake. 4 Uyakalimela
ulwandhle, uyalwomisa, uyatshisa yonke
imilambo: i-Bashane iyabuna, ne-Kara-
mele; siyabuna nesihlumo se-Lebanone. 5
Intaba ziyangcangcazela pambi kwake,
nenduli ziyanyibilika; umhlaba uyazipaka-
misa ebusweni bake, nelizwe, nabo bonke
abemiyo kulo. 6 Ngubanina ongemayo
pambi kwoburala bake? ngubanina nonga-
hlalayo ebushushwini bengqumbo yake?
umsindo wake uyatululwa njengomlilo,
namawa ayawiswa pantsi nguye. 7 UYE-
HOVA ulungile, uyinnqaba emhleni wobu-
nzima; uyabazi abo batembela kuye. 8
Kodwa ngomsinga okukulayo uya kukwe-
nza ukugqitywa kwendawo yayo, nen-
tshaba zake ubumnyama boziputuma.
9 Niyaqinga 'nto nina ngakuye UYE-
HOVA? uya kukwenza ukugqitywa yena;
ubunzima abuyi kuvuka kabini. 10 Na-
kuba bepingelelene njengemitolo, benxi-
lile nokunxila ngeveyine yabo, baya ku-
dhliwa njengendiza ezigqibele ukwoma.
11 Wapuma kwa kuwe, umqingi wobubi
ngakuye UYEHOVA, umcebisi ongendawo.
12 Utsho UYEHOVA ukuti: Nakuba bonwa-
bileyo, bebaninzi kangaka, baya kusikwa
benjalo noko, waeya kudhlula: nangona
ndikubandezeleyo, andisayi kubuya ndiku-
bandezele. 13 Ngokuba kaloku ndiya ku-
yapula iyokwe yake kuwe, ndiziqaule izi-
nxibo zako.
14 Kodwa UYEHOVA uyalele ngawe, *uku-
ti:* Akuyi kubuya kuhlwayelwe abegama
lako; ndiya kunqamla endhlwini yotixo
bako umfanekiso oqingqiweyo nalowo utyi-
tyishiweyo; ndiya kulenza incwaba lako,
ngokuba udelekile.

15 NANZIYA ezintabeni innyawo za-
lowo ushumayelayo indaba ezilungileyo,
ovakalisayo uxolo! yenza imitendeleko
yako, Juda! feza izibambiso zako, ngokuba
ongendawo engasayi kubuya acande kuwe;
unqanyulwe kanye.
2 Umciti unyukele pambi kwako: gcina
innqaba, linda indhlela, qinisa izinqe,
yomeleza amandhla kakulu. 2 Ngokuba
UYEHOVA ebubuyisile ubungcwalisa buka-
Yakobi, njengabo ubungcwalisa buka-Sira-
yeli; ngokuba abavutululi bebavutulule,
namasebe abo bewonakalisile. 3 Ikaka
lamagora ake lenziwe bomvu, amadoda
oburoti ambete isibomvumnyama; innqwe-
lo zinentsimbi ezibengezelayo, ngomhla
wokulungisa kwake; iyavivinywa nemibi-
lati. 4 Innqwelo ziti dhlongodhlongo
ezitarateni, ziyasukasuka ezindaweni ezi-
banzi; ukubonakala kwazo zinjengezibane,
ziyabaleka njengemibane. 5 Uyakumbula



University of Fort Hare

amanene ake; ayakùbeka ekuhambeni
kwawo; ayakauleza ukuya eludongeni
lwayo, liti ikuselo lilungiswe. 6 Amasango
emilambo ovulwa, nendhlukazi iya kucu-
mbuluka. 7 Waye u-Hutsave eya kuhlu-
tywa, uya kunyuswa, nezicakakazi zake
zoncwina njengelizwi lamahobe, zibeta
pezu kwezifuba zazo. 8 Nangona i-Nineve
injengecibi lamanzi, kwa kuselokw*okuqala*
*kw*emihla yayo, baya kwesaba noko. *Ku-*
*twa:* Yimani! yimani! kodwa akuko 'mntu
obeka ngomva. 9 Pangani isilivere, pa-
ngani igolide; akuko ukupela kwokubeke-
lweyo, kwobuninzi bempahla zonke ezi-
nqwenelekileyo. 10 Ucitakalo, notshabala-
lo, nokwenzwa zé! inkliziyo iyanyibilika,
namadolo ayahexa; kuko intutumbo ezi-
nqeni zonke, nobuso bonke buyazuza ubu-
mnyama. 11 Ipina indhlu yengonyama?
*lipina* nedhlelo lengonyama ezintsha? apo
yahamba kona ingonyama, *n*engonyama-
kazi, *n*etole lengonyama, kungeko 'mntu
obezoyikisa. 12 Ingonyama yaqwengela
amatole ayo okwaneleyo, yarwishela ingo-
nyamakazi zayo; yazalisa iminxuma yayo
ngokuqwengiweyo, nendhlu zayo ngokuba-
njiweyo. 13 Bona ke, ndingakuwe, utsho
UYEHOVA wemikosi; ndandiya kutshisa in-
nqwelo zayo zide zibe ngumsi; nengo-
nyama ezintsha zako isirele siya kuzidhla:
ndandiya kunqamla into yokuqwenga yako
emhlabeni; nelizwi lezigidimi zako alisayi
kuviwa kanjako.

3 MAKUBE uzima kuso isixeko segazi!
sizele sipela bubuxoki *n*okupanga; aku-
mki okuqwengiweyo. 2 Isitonga sezwi-
niya, nenklokoma yokugunguza kwevili,
amahashe edhloba, nennqwelo zisiti qaka;
3 ukujiwula kwabakweli bamahashe, no-
kudangazela kwezirele, nokubengezela
kwentshuntshe; ubuninzi bababuleweyo,
nemikumdelikane yezidumbu; imizimba
efileyo ayinakupela; bayakùbeka pezu
kwemizimba efileyo yabo: 4 ngennxa yo-
buninzi bemibulo yompinyiswa, umnikazi
wobugqi onesoya kakulu; owatengisa in-
klanga ngemibulo yake, nezizwe ngobugqi
bake.

5 Bona ke, ndingakuwe, utsho UYEHOVA
wemikosi; ndiya kutyila amasondo *engubo*
yako pezu kwobuso bako, ndibonise inkla-
nga ubuzé bako, nezikumkani ubuhloni
bako. 6 Ndiya kuposa izinto ezibuntsho-
ntsho pezu kwako, ndikuhlazise; ndandiya
kukwenza into yokubonelwa. 7 Kwakuya
kuti, bonke abakubonayo bobaleka kuwe,
bati: i-Nineve icitakalisiwe! ngubanina
oya kuyikùza? ndiya kukufunela pina aba-
tuzeli?

8 Ulungile na ngapezu kwe-No-amoni,
ebihleli pakati kwemijelo, ebinamanzi
eyingqonga; endawo enqatyisiweyo ibi-
lulwandhle, udonga lwayo luvela elwa-
ndhle? 9 I-Tiyopiya ibingamandhla *ayo*,
ne-Jipete, kungeko ukupela *kwawo;* ama-
Pute nama-Libiya ebengabancedi bako.
10 Yabifuduswa noko, yaya ekutinjweni;
kanjalo intsatshana zayo zibe zityunyuzwa
enklokweni yazo zonke izitarate; ama-
nene ayo enzelwa amaqashiso, nabo bonke
abakulu bayo bebenxityiwe ngemixo-
kolelwane. 11 Nawe uya kunxila, uya
kuzimela; nawe uya kufuna indawo e-
nqabileyo ngennxa yotshaba. 12 Zonke
innqaba zako zinjengemikiwane inamaki-
wane avutwa kuqala; ati akuvutululelwa,
awe emlonyeni wotyayo. 13 Bona ke,
abantu bako bangabafazi pakati kwako;
amasango elizwe lako ovulelwa intshaba
zako kakulu; umlilo wotshisa imivalo
yako.

14 Zikelele amanzi ngennxa yokuvi-
ngeelwa; yomeleza innqaba zako; ngena
eludakeni, uxovule udongwe, nqabisa in-
dawo yokugqwagqwa iziteno. 15 Kwa
lapo umlilo wokudhla; isirele sokunqu-
mla, siya kukudhla njengesiboto: zenze
baninzi njengeziboto, zenze baninzi nje-
ngenkumbi. 16 Ubandisile abatengi bako
ngapezu kwenkwenkwezi zezulu; iziboto
zitwabululekile, zabaleka ke. 17 Inkosi
zako zinjengenkumbi, nenjengele zako
njengebubu lenkumbi, eziti waca ezinta-
ngweni ngomhla obandayo: uxa lipuma
ilanga, zandul' ukubaleka, nendawo yazo
akwaziwa apo zikona. 18 Abalusi bako
bayozela, kumkani we-Asiriya! imiduna
yako ilele pantsi; abantu bako bapanga-
lele ezintabeni, akuko 'mntu obabutayo.
19 Akuko 'mciza kwisapuko sako; inxeba
lako alipoliseki; bonke abevayo indaba
zako baya kwombela ngezandhla pezu
kwako; ngokuba engubanina lowo inko-
hlakalo yako ingadhlulanga pezu kwako
futi?



University of Fort Hare

# INNCWADI KAHABAKUKE.

## ISAHLUKO I.

UMGWEBO owawubonayo u-Habakuke
umprofite.
2 Kwoba kade kangakananina ndida-
nduluka, YEHOVA! ungeva wena; ndikala
kuwe *ngennxa* yobudhlwengu, ungasindisi
wena? 3 Kunganina ukuba undibonise
inkohlakalo, uti wena ukangele ububi?
ngokuba ukubada nobudhlwengu bupambi
kwami; kuko ipike kanjalo, nempikiswano
iyazipakamisa. 4 Ngako oko umteto uya-
pola, nobugwebo abupumi ngennyaniso:
ngokuba abakohlakeleyo beraula abalungi-
leyo; kukona kupuma ubugwebo obutye-
kisiweyo.
5 Bonani pakati kwabaheyideni, nika-
ngele, niti nqa kakulu; ngokuba ndiya
kuwenza umsebenzi emihleni yenu, eni-
ngayi kukolwa *nguwo,* noko ushunyaye-
lwayo. 6 Ngokuba, bona ke, ndiya ku-
vusa ama-Kaledine, esosizwe sirara esinxa-
mileyo; esihambayo ezindaweni ezibanzi
zomhlaba, ukuba sifuye indawo zokuhlala
ezingezezaso. 7 Sinokunkwantyisa, seso-
yikekileyo; ukugweba kwaso nobukulu
baso buyapuma kwa kuso. 8 Amahashe
aso anamendu ngapezu kwezingwe, siya-
gqitisa ngobukali inncuka zokuhlwa; aba-
kweli baso bayazitwabulula; ewe, aba-
kweli baso bavela kude; bayabaleka nje-
ngokozi lunxamela ukudhla. 9 Siyeza
sonke ngennxa yobudhlwengu; ukubeka
kwobuso babo kungapambili; siyabuta
amatinjwa njengenklabati. 10 Okumkani
siyabagxeka, nenkosi zisisihlekwa kuso;
siyahleka innqaba zonke; siyafumbelela
ihlabati, sizibambe ke. 11 Wandule um-
moya *waso* ubuye; siyagqita ke, siyazeka
ityala, *ngokubal*ela utixo waso la amandhla
aso.
12 Asi nguwe na ongunapakade, YE-
HOVA, TIXO wami, Ngcwele yami? asiyi
kufa tina. YEHOVA! usimisele ukugweba;
LIWA! usidalele ukwohlwaya. 13 Ungo-
mehlo angcwele kokokuba ubone inkohla-
kalo; akungekangele ububi; kunganina
ukuba ubakangele abatimbi, *nokuba* uti
cwaka nxa okohlakeleyo adhla lowo olungi-
leyo kuye? 14 *nokuba* ubenze abantu
babe njengenklanzi zolwandhle, njengezi-
nambuzane ezingenankosi pezu kwazo?
15 Siyabanyusa bonke ngeqeru *laso,* siya-
barolela emnateni waso, siyababutela elu-
tanjeni lwaso; siyavuya ngoko, siyagcoba
nokugcoba. 16 Ngako oko siyabingela
umnata waso, siqumisele notambo lwaso;
ngokuba ngazo isabelwa saso sityebile, no-
kutya kwaso kokutyetyisiweyo. 17 Se-
siya kuwenza zé ngoko ke na umnata waso,
singayeki ukubulala izizwe futi nje?
2 Ndiya kuma pezu kwendawo yami yo-
kulinda, ndizimise pezu kwennqaba,
ndandiya kuqolosela ndize ndibone ukuba
uya kuteta 'nto nina kumi, nento endiya
kupendula yona ngokupikisa kwami.
2 Waza UYEHOVA wandipendula, wati:
Bàla umboniso, uwuqingqe pezu kwama-
cwecwe, ukuze abaleke lowo uwulese-
shayo. 3 Ngokuba umboniso ungowexesha
elimiselweyo; kodwa uya kuteta ekupe-
leni, awuyi kuxoka: nakuba uzilazilayo,
wulinde; ngokuba uya kuza ngennyaniso,
awuyi kulibala. 4 Bona ke, ukukumele,
awulungelelene umpefumlo wake pakati
kwake; kodwa olungileyo uya kupila
ngokolo.
5 Nakanjako, uyakohlisa ngeveyine;
uyindoda ezidhlayo, akahlali ekaya; owa-
ndisa inkanuko yake njengayo ihadesi;
ewe, unjengokufa, akangekoliswe; uyazi-
hlanganisela izizwe zonke, uyazibutela
abantu bonke. 6 Aba bonke abayi kuteta
ingoma na ngakuye, nesintsonkotelo soku-
hlekisa ngaye, besiti: Makube nzima ku-
lowo okwandisayo okungekokwake! kwoba
kade kangakananina? nakulowo ozitwe-
sayo ngezibambiselo ezininzi! 7 Abayi
kusuka ngesiqupe na abo abaya kukuluma,
bavuke abo abaya kukuzamazamisa? wauya
kuba ngamaxoba abo. 8 Ngokuba upa-
ngile izizwe ezininzi, sonke isisalela sa-
bantu siya kupanga wena; ngennxa ye-



University of Fort Hare

gazi labantu, nobudhlwengu *obenziwe* eli-
zweni, esixekweni, nakubo bonke abe-
miyo kuso.
9 Kwoba nzima kulowo oqwebela indhlu
yake inzuzo ekohlakeleyo, ukuba ayibeke
pezulu indawo yake yokuhlala, aze aku-
luleke emandhleni elishwa! 10 Ucebile
okulihlazo kwindhlu yako, ngokunqamla
abantu abaninzi, usona owako umpefumlo
nje. 11 Ngokuba ilitye laseludongeni
libiza, nembopelelo yasemitini isabela
kulo.
12 Kwoba nzima kulowo owakayo isi-
xeko ngegazi, omisayo innqili ngobumene-
mene! 13 Bona ke, akuveli na KUYEHOVA
wemikosi, ukuba izizwe ziya kuzamela
umlilo, nokuba inklanga zozidinisela oku-
ngento? 14 Ngokuba umhlaba uya kuza-
liswa kukwaziwa kwobungcwalisa BUKA-
YEHOVA, njengokuba amanzi egubungela
ulwandhle.
15 Kwoba nzima kulowo omsezayo umme-
lwane wake, utulula ubushushu bako, um-
nxilisa nje kanjako, ukuze ukangele ubuzé
babo! 16 Ukolisile ukuba nehlazo esi-
kundhleni sobungcwalisa; sela nawe, uzi-
bonakalise ungalukanga; indebe yesoku-
nene isandhla SIKAYEHOVA yojikela kuwe,
kwakuya kubako ihlazo elikulu pezu kwo-
bungcwalisa bako. 17 Ngokuba ubudhlwe-
ngu obenzelwe i-Lebanone buya kugubu-
ngela wena, njengokuba imbujiswa yezilo
itusa zona; ngennxa yegazi labantu, no-
budhlwengu *obenziwe* elizweni, esixekwe-
ni, nakubo bonke abemiyo kuso.
18 Kunceda 'nto nina umfanekiso oqi-
ngqiweyo, ukuba umdali wawo uwuqi-
ngqile? *kunceda 'nto nina* umfanekiso otyi-
tyishiweyo, ofundisayo ubuxoki, ukuba
umdali wesidalo sake atembele kuso, e-
senza izitixo ezingenakuteta? 19 Kwoba
nzima kulowo oti emtini: Vuka! nase-
tyeni elingenakuteta: Zivuse! Wofundisa
wona nje! Nanguya walekiwe ngegolide
nangesilivere, kanti akuko namnye ummoya
pakati kwawo. 20 Kodwa UYEHOVA use-
tempileni yake engcwele: yiti tu ebusweni
bake, mhlaba wonke!

3 UMTANDAZO ka-Habakuke umpro-
fite: ngeshigayone.
2 YEHOVA! ndivile intshumayelo yako,
ndoyika ke: YEHOVA! umsebenzi wako wu-
pilise pakati kweminyaka; pakati kwemi-
nyaka wazise; emsindweni kumbula itaru.
3 Wavela UTIXO e-Temani, noyingcwele
entabeni ye-Parane. Sela. Ubungcwalisa
bake bagubungela amazulu, wati um-
hlaba wazala ludumo lwake. 4 Inka-
zimlo *yake* ibinjengokukanya; ebenemita
*ipuma* esandhleni sake: kodwa bekuko apo
ukufihlwa kwamandhla ake. 5 Pambi
kwake kwahamba isifo esibubisayo; saye
sipuma isikuhlane esitshayo ezinnyaweni
zake. 6 Wema ke, wazamazamisa umhla-
ba; wakangela, wangcangcazelisa izizwe;
intaba ezisisimakade zacitwacitwa, nenduli
ezingunapakade zatshona: izihambo ezi-
ngunapakade zezake. 7 Ndabona intente
zase-Kushane pantsi kwobubi; amalenga-
lenga elizwe le-Midiyane angcangcazela.
8 UYEHOVA ebequmbile ngasemilanjeni na?
ingqumbo yako ibingasemilanjeni na? um-
sindo wako ubungaselwandhle na, ukuba
wakwela emahasheni ako, ezinnqwelweni
zako zosindiso? 9 Isipeta sako besihlubu-
lukile, senzwa zé: izifungo zezizwe! *latsho*
ilizwi. Sela. Wacandekisa umhlaba ube
yimilambo. 10 Intaba zakubona, zatutu-
mela; umsinga wamanzi wagqita; inzulu
yakupa ilizwi layo, yapakamisela pezulu
izandhla zayo. 11 Ilanga *ne*nnyanga zema
enklalweni *yazo*, ngokukanya kwentolo
zako *ez*abalekayo, ngokukazimla kwoku-
bengezela kwomkonto wako. 12 Wa-
hamba pakati kwomhlaba ngokurala, wazi-
bula izizwe ngengqumbo. 13 Wapuma
ngennxa yokusindiswa kwabantu bako,
ngennxa yokusindiswa kwabatanjisiweyo
bako; walimaza inkloko kwindhlu yokohla-
keleyo, uhluba umsekelo kude kube senta-
nyeni. Sela. 14 Wayihlaba ngezayo izi-
kali inkloko yabemizi yake, *a*benzayo
isantya njengesaqwiti ukundicita; uku-
gcoba kwabo bekukokwokudhla amahlwe-
mpu ngasese. 15 Wahamba pakati kwo-
lwandhle *ng*amahashe ako, *pakati* kwoku-
kepuza kwamanzi amaninzi.
16 Ekuveni kwami wangcangcazela
umbilini wami, umlomo wami waqaqazela
ngennxa yelizwi; ukubola kwangena ema-
tanjeni ami, ndangcangcazela endaweni
yami; ukuba ndipumle emhleni yobunzi-
ma, akunyuka ngakubo abantu aya kuba-
wela.
17 Nakuba umkiwane ungatyatyambi,
kungeko ukuxakata emitini yeveyine; *na-
kuba* ukuhlanza kweminquma kutshitsha,
engavelisi ukutya amasimi; *nakuba* umhla-
mbi unqanyulwa esibayeni, zingeko inko-



University of Fort Hare
Together in Excellence

mo ezitaleni: 18 ndiya kuvuyelela noko
KUYEHOVA, ndiya kugcoba KUTIXO wosindi-
swa lwami. 19 UYEHOVA OYINKOSI unga-
mandhla ami; waeya kuzenza innyawo
zami zibe njengezamaxamakazi, andiha-
mbise ezinnyangweni zami.

Kumhlabeli omkulu owenza ngenegi-
note zami.

# INNCWADI KATSEFANIYA.

## ISAHLUKO I.

ILIZWI LIKAYEHOVA elezayo ku-Tsefani-
ya, unyana ka-Kushi, unyana ka-Geda-
liya, unyana ka-Amariya, unyana ka-Heze-
kiya, emihleni ka-Josiya, unyana ka-Amoni,
ukumkani wo-Juda.
2 Ndiya kugqibela ukususa konke ebu-
sweni belizwe, utsho UYEHOVA. 3 Ndiya
kususa abantu nenkomo; ndiya kususa
intaka zezulu, nenklanzi zolwandhle; nezi-
kùbekiso kunye nabakohlakeleyo; nda-
ndiya kunqamla abantu ebusweni belizwe,
utsho UYEHOVA. 4 Kanjalo ndiya kusolula
isandhla sami pezu kwo-Juda, napezu kwa-
bo bonke abemi base-Yerusaleme; nda-
ndiya kunqamla kulendawo isisalela sika-
Bali, negama lababingeli kunye nelaba-
perisite; 5 nabo babedeshayo umkosi we-
zulu pezu kwezindhlu; nabo babedeshayo
befunga UYEHOVA, befunga u-Moleke wabo
naye; 6 nabo bahlehlileyo KUYEHOVA,
abangamfunanga UYEHOVA, abangambuza-
nga kanjako.
7 Yiti tu ebusweni BENKOSI ENGUYEHOVA,
ngokuba umhla KAYEHOVA ukufupi; ngo-
kuba UYEHOVA elungisile umbingo, uba-
hlule abamenyiweyo bake. 8 Kwakuya
kuti ngomhla wombingo KAYEHOVA, ukuba
ndiya kwohlwaya inkosana, nonyana bo-
kumkani, nabo bonke abavete izivato za-
semzini. 9 Ndandiya kubohlwaya bonke
abagqita emnyango, ngomhla lowo, abaza-
lisa izindhlu zenkosi zabo ngobudhlwengu
nenkohliso. 10 Kwakuya kuti ngomhla
lowo, utsho UYEHOVA, inklokoma yokukala
*yovela* esangweni lenklanzi, neyokulila
kwesesibini isahlulo *sesixeko*, neyembujiswa
enkulu ezindulini. 11 Lilani, nina 'bemi
basemhlanjeni! ngokuba bonke abangaba-
tengi betshatyalalisiwe; bonke abatweswa
yimali banqanyulwe. 12 Kwakuya kuti
ngexesha elo, ndiya kupanda i-Yerusaleme
ngezibane, ndiwohlwaye amadoda afinye-
leyo pezu kwenklenga zawo, ati ezinkli-
ziyweni zawo: UYEHOVA akayi kwenza
okulungileyo, akayi kwenza okubi kanjalo.
13 Ngako oko ubutyebi bawo boba nga-
maxoba, nezindhlu zawo *zoba* yingcitakalo;
angaka izindhlu, kodwa akayi kuhlala
*kuzo*; angatyala imiyezo, kodwa akayi ku-
sela iveyine yayo.
14 Umhla omkulu KAYEHOVA ukufupi;
ukufupi, uyakauleza kakulu; inklokoma
yomhla KAYEHOVA: iroti lokala apo ngento
eburara. 15 Umhla lowo ngumhla wom-
sindo, ngumhla wobunzima noxinezeko,
ngumhla wokucitakala nokutshabalala,
ngumhla wobumnyama nesitokotoko, ngum-
hla wamafu nokusibekela kakulu, 16
ngumhla wexilongo nokuhlaba umkosi, nga-
kuzo izixeko ezinqatyisiweyo, nangakuwo
amagumbi *odonga* amade. 17 Ndandiya
kuzisa ubunzima pezu kwabantu, bade ba-
hambe njengemfama; ngokokuba bonile
ngakuye UYEHOVA: laye igazi labo liya
kutululwa njengotuli, nennyama yabo nje-
ngomgquba. 18 Kanjako isilivere yabo,
negolide yabo, iya kukohlwa ukubahla-
ngula ngomhla womsindo KAYEHOVA; kodwa
ilizwe lonke liya kudhliwa ngumlilo we-
kwele lake; ngokuba ukugqitywa okwa-
lamileyo kanye eya kukwenzela bonke
abemi belizwe.

2 Zibuteni, ewe butani, wena 'sizwe esi-
ngenakulangazelela! 2 ungekazali um-
teto; (njengomququ umhla uyadhlula;)
bungekezi pezu kwenu ubushushu ben-
gqumbo KAYEHOVA; ungekezi pezu kwenu
umhla wengqumbo KAYEHOVA. 3 Mfuneni
UYEHOVA, nonke nina balulamileyo belizwe,
abasenzileyo isigwebo sake; funani ubu-
lungisa, funani ululamo, kungati niya ku-
fihlelwa emhleni wengqumbo KAYEHOVA.

4 NGOKUBA i-Gaza iya kushiywa, ne-
Ashekelone yoba yingcitakalo; i-Ashedodo



University of Fort Hare

baya kuyigxota emmini enkulu, ne-He-
krone iya kudonyulwa. 5 Kwoba nzima
kubo abemi basecaleni lolwandhle, kwisi-
zwe sama-Keriti! ilizwi LIKAYEHOVA linga-
kuni, Kanane, lizwe lama-Filistiya! nda-
ndiya kukutshabalalisa, kuze kungabiko
omiyo *kuwe.* 6 Kanjako icala lolwandhle
loba ngamadhlelo, enamacibi abalusi, nezi-
baya zegusha. 7 Ewe, icala *lalo* loba lele-
sisalela sendhlu ka-Juda; baya kudhla
pezu kwalo: ezindhlwini zase-Ashekelone
baya kulala pantsi ngokuhlwa; ngokuba
UYEHOVA, UTIXO wabo, eya kubakaugela,
abuyise ukutinjwa kwabo.
8 Ndivile isituko so-Mowabi, nezigxeko
zosapo luka-Hamoni; abatukileyo abantu
bami, bazenza bakulu ngakuwo umda
wabo. 9 Ngako oko, ndihleli nje, utsho
UYEHOVA wemikosi, UTIXO wo-Sirayeli, u-
kuti: Ngennyaniso i-Mowabi yoba nje-
nge-Sodome, nosapo luka-Hamoni njenge-
Gomora; indawo eyenileyo ngamarau, ne-
yezihogo zetyuwa, nengcitakalo engunapa-
kade; isisalela sabantu bami sobapanga,
neliva lesizwe sami lobafuya. 10 Oku boba
nako ngennxa yeratshi labo, ngokuba be-
tukile bazenza bakulu ngakubo abantu
bake UYEHOVA wemikosi. 11 UYEHOVA uya
kwoyikeka kubo, ngokuba eya kubityisa
bonke otixo bomhlaba; babeya kumbe-
desha, abanye ngabanye ezindaweni zabo,
bonke *abemi* beziqiti zabaheyideni.
12 Nani, ma-Tiyopiya! niya kuhlatywa
ngesirele sami.
13 Kanjalo uya kwolula isandhla sake
pezu kwenode, atshabalalise i-Asiriya;
waeya kuyenza i-Nineve ibe yingcitakalo,
indawo eyomileyo njengenklango. 14 Imi-
hlambi yobutuma pakati kwayo, onke ama-
ramnewa ezizwe; ewe, innewangube nen-
ncanda ziya kulalisa pezu kwemiqolo
yayo; ilizwi liya kucula ezifenstileni,
ingcitakalo yoba seminyangweni, ngokuba
isetyenzwa lesedare lenzwe zé. 15 Esi
sisixeko esivuyelelayo esibe sihlala ngo-
kunqaba, esibe sisiti enkliziyweni yaso:
Ndimi, akuko ongapandhle kwami. Sinja-
nina ukuba yingcitakalo, indawo yokubu-
tuma kwamaramnewa! bonke abadhlulayo
ngakuso baya kwenza amakwelo, basbuku-
mise izandhla zabo.

3 MAKUBE nzima kwesigwenxa, kwesi-
dyojiweyo, kwesibandezelayo isixeko!
2 Aseva ilizwi, asamkela ululeko; asa-
tembela KUYEHOVA, asasondela KUTIXO waso.
3 Inkosana zaso pakati kwaso zizingonya-
ma ezikonyayo; abagwebi baso bazinncuka
zokuhlwa; abarwenyi amatambo kwakusa.
4 Abaprofite baso bangabazidhlayo, banga-
madoda ahanahanisayo; abaperisite baso
bancolisile okuyingcwele; bapete umteto
ngobudhlwengu. 5 UYEHOVA, olungileyo,
upakati kwaso; akenzi ubumenemene:
ngemiso ngemiso uyabeka ubugwebo bake
ekukanyeni, abusweleki; kodwa olimene-
mene akakwazi ukudana. 6 Izizwe ndizi-
nqamlile; amagumbi *odonga* azo acitakele;
izitarate zazo ndizenzile 'bunxuwa, kunge-
ko odhlulayo: izixeko zazo zicitiwe, zinge-
namntu; akuko ohlala *kuzo.* 7 Ndati:
Okunene uya kwoyika mina, uya kwamke-
la ululeko; ukuze inklalo yaso inganqa-
nyulwa, *njengako* konke endibe ndikumi-
sele sona; kodwa bavuka kusasa, bazona-
kalisa zonke izenzo zabo.
8 Ngako oko, ndilindeni, utsho UYEHOVA,
emhleni ndivukelayo amaxoba; ngokuba
ngumgwebo wami ukubuta izizwe, uku-
hlanganisa izikumkani, ukutulula pezu
kwazo ukurala kwami, kwa bonke ubushu-
shu bengqumbo yami; ngokuba umhlaba
wonke uya kudhliwa ngumlilo wekwele
lami. 9 Ngokuba oko ndiya kuguqulela
ebantwini inteto engcwele, ukuba bonke
babize egameni LIKAYEHOVA, bamkonze
ngokuvumelana. 10 Bevela pesheya kwe-
milambo yase-Tiyopiya, abakungi bami,
intombi yabapangaleleyo bami, baya ku-
zisa umnikelo wami. 11 Ngomhla lowo
akuyi kudana ngennxa yazo zonke izenzo
zako, ogqitileyo ngazo ngakumi: ngokuba
oko ndiya kususa pakati kwako abavuye-
leli bako abaneratshi; waungasayi kupi-
nda ube nokuqanqalaza entabeni yami
engcwele. 12 Ndandiya kushiya pakati
kwako abantu abalulamileyo ababuhlwe-
mpu, abaya kutemba egameni LIKAYEHOVA.
13 Boti o-Sirayeli abaseleyo abayi kubenza
ubumenemene; abayi kuteta ubuxoki;
kanjako ulwimi olukohlisayo aluyi kufu-
nyanwa emlonyeni wabo; koko baya ku-
dhla balale pantsi, kungeko oya kuboyi-
kisa.
14 Cula, ntombi yase-Ziyone! dandu-
luka, Sirayeli! vuya ugcobe ngenkliziyo
yonke, ntombi yase-Yerusaleme! 15 UYE-
HOVA ususile imigwebo yako; udedisile
utshaba lwako: ukumkani wo-Sirayeli,
UYEHOVA, upakati kwako; akusayi kuba



University of Fort Hare

sabona ilishwa. 16 Ngomhla lowo kwo-
tiwa kwi-Yerusaleme: Ungoyiki; *nakwi-*
Ziyone: Mazingapolelwa izandhla zako.
17 UYEHOVA, UTIXO wako, upakati kwako,
onamandhla, osindisayo; uya kugcoba
pezu kwako ngovuyo, woti cwaka eluta-
ndweni lwake; uya kuvuyelela pezu
kwako ngokucula. 18 Ndiya kubuta aba-
lusizi ngawo umtendeleko, abavela kuwe;
betweswe lugxekwa ngennxa yawo. 19
Bona ke, ngexesha elo ndiya kugqibela
bonke ababandezeli bako; kanti abaqwale-
layo ndobasindisa, nabagxotiweyo ndoba-
hlanganisa; ndandiya kubenzela udumo
negama, kuwo onke amazwe badanisiwe
kuwo. 20 Ngeloxesha ndiya kuningenisa,
kwa ngexesha lokunihlanganisa kwami;
ewe, ndiya kunenzela igama nodumo
pakati kwabo bonke abantu bomhlaba, xe-
shekweni ndibuyisayo ukutinjwa kwenu
pambi kwamehlo enu, utsho UYEHOVA.

# INNCWADI KAHAGAI.

ISAHLUKO I.

NGOWESIBINI umnyaka ka-Dariyusi
ukumkani, ngennyanga yesitandatu,
ngowokuqala umhla wennyanga, leza ilizwi
LIKAYEHOVA ngo-Hagai umprofite ku-Zeru-
babeli unyana ka-Shalatiyeli, inkosi ye-
Juda, naku-Yoshuwa unyana ka-Yotsadaki,
umperisite omkulu, lisiti:
2 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Aba-
bantu bati: Ixesha alikafiki, ixesha lokwa-
kiwa kwendhlu KAYEHOVA.
3 Landula ilizwi LIKAYEHOVA leza ngo-
Hagai umprofite, lisiti: 4 Lixesha na
kuni, ninandini! lokuba nihlale ezin-
dhlwini zenu ezifulelweyo, ize indhlu le
ibe icitakele? 5 Ngako kaloku, utsho
UYEHOVA wemikosi, bekelani imikwa yenu
inkliziyo. 6 Nihlwayele okuninzi, kanti
ningenisile okuncinane; nidhlile, kanti
anihlutanga; nisele, kanti anikolisile uku-
sela; nambete, kanti akuko ofudumeleyo;
kanjalo ozuzayo umvuzo, uyawuzuzela
innxowa esisibadhlu. 7 Utsho UYEHOVA
wemikosi ukuti: Bekelani imikwa yenu
inkliziyo. 8 Nyukani intaba, nizise imiti,
niyake indhlu, ndandiya kuyikolela, nde-
nzelwe ubungcwalisa, utsho UYEHOVA. 9
Benikangela okuninzi, kodwa bona ke,
bekukuncinane; kanjako nakukugodusa,
ndapepeta pezu kwako. Nganina? utsho
UYEHOVA wemikosi: ngennxa yendhlu ya-
mi ecitakeleyo, nokuba nibaleka abanye
ngabanye ukuya kwezabo izindhlu. 10
Ngako oko kungennxa yenu ukuba izulu
libamba umbete, nokuba umhlaba ubamba
ukuxakata kwawo. 11 Ndandibizile u-
kwoma pezu kwelizwe, napezu kwentaba,
napezu kwennqolowa, napezu kweveyine
entsha, napezu kweoli, napezu kwoko
umhlaba ukuvelisayo, napezu kwabantu,
napezu kwenkomo, napezu kwomsebenzi
wonke wezandhla.
12 Wandula u-Zerubabeli unyana ka-
Shalatiyeli, no-Yoshuwa unyana ka-Yotsa-
daki, umperisite omkulu, naso sonke isisa-
lela sabantu, bapulapula ilizwi LIKAYEHOVA,
UTIXO wabo, namazwi ka-Hagai umprofite,
njengokuba UYEHOVA, UTIXO wabo, emtu-
mile; bati abantu bamoyika UYEHOVA.
13 Waza wateta u-Hagai, isitunywa
SIKAYEHOVA, ngomyalezo KAYEHOVA, eba-
ntwini, esiti: Ndiko nani, utsho UYEHOVA.
14 Waye UYEHOVA wawuvusa ummoya
ka-Zerubabeli unyana ka-Shalatiyeli, inkosi
ye-Juda, nommoya ka-Yoshuwa unyana
ka-Yotsadaki, umperisite omkulu, nommoya
waso sonke isisalela sabantu; baye besiza
basebenza endhlwini KAYEHOVA wemikosi,
UTIXO wabo, 15 ngowamashumi mabini
anesine umhla wennyanga yesitandatu,
ngowesibini umnyaka ka-Dariyusi uku-
mkani.

2 NGEYESIXENXE *innyanga*, ngowa-
mashumi mabini anesinye *umhla* wen-
nyanga, ilizwi LIKAYEHOVA leza ngo-Hagai
umprofite, lisiti: 2 Teta ke kuye u-Zeru-
babeli unyana ka-Shalatiyeli, inkosi ye-
Juda, nakuye u-Yoshuwa unyana ka-Yotsa-
daki, umperisite omkulu, nakuso isisalela
sabantu, usiti:
3 Ngubanina pakati kwenu oseleyo,



University of Fort Hare

owabona indhlu le ebungcwaliseni bayo
bokuqala? kunjanina ke ukuyibona kwenu
kaloku nje? nxa ilinganiswa nayo, ayinje-
ngento engeluto na emehlweni enu? 4
Noko kaloku yomelela, Zerubabeli! utsho
UYEHOVA; yomelela nawe, Yoshuwa, nyana
ka-Yotsadaki, mperisite omkulu! yomele-
lani nani, nonke nina 'bantu belizwe!
utsho UYEHOVA, nisebenze ke: ngokuba
ndiko nani, utsho UYEHOVA wemikosi. 5
Ucebano endalwenza nani, ekupumeni
kwenu e-Jipete, *nisenalo*, NOMOYA wami
umi pakati kwenu; zeningoyiki. 6 Ngo-
kuba esitsho UYEHOVA wemikosi ukuti:
Kusekanye, kwoba ngumzuzwana kodwa,
ndandiya kuzamazamisa izulu, nomhlaba,
nolwandhle, nokwomileyo; 7 ewe, ndiya
kuzamazamisa izizwe zonke, kwandule ku-
fike okukanukwayo zizizwe zonke; nda-
ndiya kuzalisa indhlu le ngobungcwalisa,
utsho UYEHOVA wemikosi. 8 Yeyami isili-
vere, yeyami negolide, utsho UYEHOVA
wemikosi. 9 Ubungcwalisa balendhlu
yasemva boba bukulu kobeyapambili, utsho
UYEHOVA wemikosi: nakulendawo ndiya
kunika uxolo, utsho UYEHOVA wemikosi.

10 NGOWAMASHUMI mabini anesine
*umhla* weyesitoba *innyanga*, ngowesibini
umnyaka ka-Dariyusi, leza ilizwi LIKAYE-
HOVA ngo-Hagai umprofite, lisiti: 11 Utsho
UYEHOVA wemikosi ukuti: Buza abaperisite
*ngawo* umteto, usiti: 12 Ukuba umntu
uyatwala innyama engcwele esondweni
lengubo yake, ati ngesondo *lengubo* yake
acukumise isonka, umhlaumbi ngumhluzi,
umhlaumbi yiveyine, umhlaumbi yioli,
umhlaumbi yennye into edhlekayo, yoba
ngcwele na? Baza bapendula abaperisite
bati: Hai. 13 Wandula wati u-Hagai:
Ukuba oncolileyo ngennxa yomzimba ofi-
leyo uyacukumisa ennye yezi*zinto*, yoba
incolile na? Baza bapendula abaperisite
bati: Yoba incolile. 14 Wandula wape-
ndula u-Hagai, wati:
Banjalo ababantu, sinjalo esisizwe, ebu-
sweni bami, utsho UYEHOVA; injalo yonke
imisebenzi yezandhla zabo; oko bakunike-
layo apo kuncolile nako. 15 Ngako ka-
loku, gqalani ke, kwa kulomhla napambili,
kwa lingekalaliswanga elinye ilitye pezu
kwelinye etempileni KAYEHOVA. 16 Kuse-
loko ibiko *imihla* leyo, kweza *omnye* emlwini
we*zilinganiso* zamashumi mabini, kwabako
ishumi *kwapela;* kweza *omnye* efatyeni
ukuka *izilinganiso* ezingamashumi mahlanu
esincinezelweni, kwabako amashumi ma-
bini *kwapela*. 17 Ndanibeta ngembabala,
nangesihumba, nangesicoto, kuyo yonke
imisebenzi yezandhla zenu; beninga*buyeli*
kumi noko, utsho UYEHOVA. 18 Gqalani
ke, kwa kulomhla napambili, kowamashu-
mi mabini anesine umhla *wennyanga* yesi-
toba, kulowamhla wabekwa umsekelo wayo
itempile KAYEHOVA, gqalani! 19 Imbewu
iseko ennyango na? kanjako umti weve-
yine, nomkiwane, negranate, nomnquma,
awukahlanzanga: kwa kulomhla ndiya
kutamsanqelisa.
20 Leza ilizwi LIKAYEHOVA ngokwesi-
bini ku-Hagai ngowamashumi mabini a-
nesine *umhla* wennyanga, lisiti: 21 Teta
ku-Zerubabeli, inkosi ye-Juda, usiti:
Ndiya kuzamazamisa izulu nomhlaba;
22 ewe, ndiya kupenula iterone yeziku-
mkani, namandhla ezikumkani zabaheyi-
deni ndowatshabalalisa; ndandiya kupe-
nula innqwelo, nabo bakwela kuzo; kwaye
kuya kuwa amahashe nabakweli bawo,
omnye *esiwa* ngesirele somnye. 23 Ngom-
hla lowo, utsho UYEHOVA wemikosi, ndiya
kutabata wena, Zerubabeli, nyana ka-Sha-
latiyeli, sicaka sami! utsho UYEHOVA, ndi-
kwenze njengomsesane sokuncamatisela;
ngokuba wena ndikuqashile, utsho UYEHOVA
wemikosi.

# INNCWADI KAZEKARIYA.

## ISAHLUKO I.

NGEYESIBOZO innyanga, ngomnyaka
wesibini ka-Dariyusi, leza ilizwi
LIKAYEHOVA ku-Zekariya, unyana ka-Bere-
kiya, unyana ka-Hido, umprofite, lisiti:
2 Wabequmbile UYEHOVA koyihlo benu



University of Fort Hare

kakulu. 3 Ngako yiti kubo: Utsho UYE-
HOVA wemikosi ukuti: Buyelani kumi,
utsho UYEHOVA wemikosi, ndandiya kubu-
yela kuni, utsho UYEHOVA wemikosi. 4
Ningabi njengoyihlo benu, abati abaprofite
bapambili badanduluka kubo, besiti: U-
tsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Guqukani
ke kuyo imikwa yenu ekohlakeleyo, na*kuzo*
izenzo zenu ezikohlakeleyo; kanti abeva-
nga, abapulapulanga kumi kanjalo, utsho
UYEHOVA. 5 Oyihlo benu, bapina bona?
nabaprofite, bahlala kude kube ngunapa-
kade na? 6 Kodwa amazwi ami, nemimiso
yami, endayalela izicaka zami abaprofite
ngayo, ayafumana oyihlo benu na? baza
baguquka, bati: Njengokuba UYEHOVA we-
mikosi wacinga ukwenza kuti, njengemi-
kwa yetu, nanjengezenzo zetu, wenje njalo
kuti.

7 NGOWAMASHUMI mabini anesine
umhla wennyanga yeshumi elinesinye,
eyinnyanga yo-Shebate, ngowesibini um-
nyaka ka-Dariyusi, leza ilizwi LIKAYEHOVA
ku-Zekariya, unyana ka-Berekiya, unyana
ka-Hido, umprofite, lisiti:
8 Ndabona ngobusuku, kekaloku na-
ntsiya indoda ikwele ehasheni elibomvu,
eyema pakati kwemiti yemutele etunzini,
nasemva kwayo amahashe abomvu, *n*agwa-
ngqa, namhlope. 9 Ndaza ndati: Ayinto
nina la, nkosi yami? Yayisiti kumi inge-
losi eyateta nami: Ndokubonisa into ayiyo
la. 10 Yapendula indoda eyema pa-
kati kwemiti yemutele, yati: La ngabo
abatumileyo UYEHOVA ukuhambahamba
emhlabeni. 11 Bapendula kuyo ingelosi
KAYEHOVA eyema pakati kwemiti yemu-
tele, bati: Sihambahambile emhlabeni;
bona ke, umhlaba wonke uhlezi, unoku-
pumla.
12 Yandula ingelosi KAYEHOVA yape-
ndula yati: YEHOVA wemikosi! kwoba
kade kangakananina ungabi nataru pezu
kwe-Yerusaleme, napezu kwezixeko zakwa-
Juda, oziqumbeleyo leminyaka imashumi
asixenxe? 13 Waza UYEHOVA wapendula
ingelosi eyateta nami ngamazwi amnandi,
ngamazwi atutuzelayo. 14 Yaza ingelosi
eyateta nami yati kumi: Danduluka,
usiti:
Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Ndi-
nobukwele pezu kwe-Yerusaleme, napezu
kwe-Ziyone, ngobukwele obukulu. 15
Kanjalo ndiqumbile ngokuqumba okukulu
ngakuzo izizwe ezisekwonwabeni: ngo-
kuba bendiqumbile kancinane kodwa, kanti
zona zincedele ububi. 16 Ngako oko,
utsho UYEHOVA ukuti: Ndibuyele e-Yeru-
saleme ngezibele: indhlu yami iya kwa-
kiwa kuyo, utsho UYEHOVA wemikosi, nen-
tambo iya kwolulwa pezu kwe-Yerusa-
leme. 17 Buya udanduluke, usiti: Utsho
UYEHOVA wemikosi ukuti: Izixeko zami
zisaza kupupuma ngobutamsanqa; ngokuba
UYEHOVA esaza kututuzela i-Ziyone, esaza
kuqasha i-Yerusaleme.

18 NDAZA ndapakamisa amehlo ami,
udakangela, kekaloku nanziya impondo
zinne. 19 Ndandisiti kuyo ingelosi eya-
teta nami: Ziyinto nina ezi? Yati uku-
ndipendula: Ezi zimpondo ezicitileyo o-
Juda, *n*o-Sirayeli, ne-Yerusaleme. 20 Waza
UYEHOVA wandibonisa inncibi zanne. 21
Ndandisiti: Ezi ziyeza ukwenza 'nto nina?
Wayesitsho ukuti: Ezi zimpondo ezici-
tileyo o-Juda, kwada akwabiko 'mntu owa-
pakamisa inkloko yake: kodwa ezi zize
ukuzoyikisa, ukuwisa impondo zezizwe,
ezapakamisa upondo ngakulo ilizwe lakwa-
Juda ukuba zilicite.

2 NDAZA ndapakamisa amehlo ami,
ndakangela, kekaloku nantsiya indoda
inentambo yokulinganisa esandhleni sayo.
2 Ndaza ndati: Uya ngapina? Yayisiti
kumi: *Ndiya* ukulinganisa i-Yerusaleme,
ndibone ububanzi bayo bungakananina,
nobude bayo bungakananina.
3 Kekaloku bona ke, ingelosi eyateta
nami yapuma, yaza yapuma enye ingelosi
ukuyikaulela. 4 Yayisiti kuyo: Gitshima,
utete kulendodana, usiti:
I-Yerusaleme iya kumiwa *njenga*mapa-
ndhle, ngenuxa yobuninzi babantu nen-
komo ezikuyo. 5 Ndandiya kuba ludonga
lwomlilo kuyo, utsho UYEHOVA, ngento
engqongayo: ndoba bubungewalisa pakati
kwayo kanjalo.
6 Hoi, hoi! *sukani*, nisabe elizweni
lasenode, utsho UYEHOVA; ngokuba njenge-
mimoya yomine yezulu ndinipangalalisile,
utsho UYEHOVA. 7 Hoi, Ziyone! zisindise,
ohlalayo nentombi yase-Babilone. 8 Ngo-
kuba esitsho UYEHOVA wemikosi ukuti:
Emveni kwobungewalisa, unditumile ezi-
zweni ezanipangayo; ngokuba onicukumi-
sayo nina, elucukumisa ukozo lweliso lake.
9 Ngokuba, bona ke, ndiya kuvivinya



University of Fort Hare

isandhla sami ngakuzo, zaziya kuba
ngamaxoba kwizicaka zazo; naniya kwazi
nina ukuba UYEHOVA wemikosi unditumile.
10 Cula uvuye, ntombi yase-Ziyone!
ngokuba, bona ke, ndisiza, ndandiya ku-
hlala pakati kwako, utsho UYEHOVA. 11
Kanjako izizwe ezininzi zozibandakanyela
KUYEHOVA ngomhla lowo, zibe ngabantu
bami; ndandiya kuhlala pakati kwako,
wauya kwazi ukuba UYEHOVA wemikosi
unditumile kuwe. 12 Andule UYEHOVA
afuye u-Juda isabiwo sake elizweni eli-
yingcwele, abuye aqashe i-Yerusaleme.
13 Uluntu lwonke maluti tu pambi KWO-
YEHOVA; ngokuba evukile ekayeni lake
eliyingcwele.

3 YANDULA yandibonisa u-Yoshuwa,
umperisite omkulu, emi pambi kwayo
ingelosi KAYEHOVA, no-Satane emi ngeso-
kunene isandhla sake ukummela.
2 Wayesiti UYEHOVA ku-Satane: UYEHO-
VA makakukalimele, kwa UYEHOVA oyiqa-
shileyo i-Yerusaleme makakukalimele: lo
asi siso isikuni esinyotulweyo emlilweni
na?
3 Kekaloku u-Yoshuwa ebevete ingubo
ezincolileyo, wema pambi kwengelosi. 4
Wandula wapendula wateta kubo abebemi
pambi kwake, esiti: Tulani ingubo ezi-
ncolileyo kuye. Wayesiti kuye: Kangela,
ityala lako ndilisusile kuwe, ndandiya
kukuvatisa izambato ezicikizekileyo. 5
Ndaza ndati: Mababeke unkontsho olu-
msulwa pezu kwenkloko yake. Bandula
babeka unkontsho olumsulwa pezu kwen-
kloko yake, bamvatisa ingubo. Yabe inge-
losi KAYEHOVA imi *kona*. 6 Yaza ingelosi
KAYEHOVA yanqinisa ku-Yoshuwa, isiti:
7 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Uku-
ba uya kuhamba ezindhleleni zami, no-
kuba uya kugcina isigcinelo sami, uya
kwandula ugwebe indhlu yami, namabala
ami uwagcine; ndandiya kukunika abako-
keli pakati kwaba abemiyo *apa*. 8 Yiva
ke, Yoshuwa, mperisite omkulu! wena,
nabalingane bako abahlala ebusweni bako:
(ngokuba bengamadoda okuqondisa bona:)
ngokuba, bona ke, ndiya kuvelisa isicaka
sami esi-LISEBE. 9 Ngokuba, bona ke, ilitye
endilibekileyo ebusweni buka-Yoshuwa,
pezu kwelitye linye kwoba ngamehlo asi-
xenxe: bona ke, ndiya kuqingqa isiqingqwa
salo, utsho UYEHOVA wemikosi; ndandiya
kukwelelisa ityala lelizwe elo ngammini
'nnye. 10 Ngomhla lowo, utsho UYEHOVA
wemikosi, niya kumema abanye ngabanye
abamelwane babo, ngapantsi kwomti weve-
yine, nangapantsi kwomkiwane.

4 YABUYA ingelosi eyateta nami yandi-
vusa, njengomntu ovusiweyo ebuto-
ngweni bake, 2 yati kumi: Ubona 'nto
nina? Ndati: Ndibona nje, kekaloku na-
ntsi ikandelare yegolide ipela, inendebe
yayo pezu kwenkloko yayo, nezibane zayo
ezisixenxe pezu kwayo, namabobo asixe-
nxe kuzo izibane ezipezu kwenkloko yayo:
3 neminquma emibini ngakuyo, omnye
ngasekunene kwendebe, nomnye ngase-
kohlo kwayo. 4 Ndaza ndapendula nda-
teta kwingelosi eyateta nami, ndisiti:
Ziyinto nina ezi, nkosi yami? 5 Yape-
ndula ingelosi eyateta nami, yati kumi:
Akwazi na into ziyiyo ezi? Ndaye ndisiti:
Hai, nkosi yami! 6 Yaza yapendula ya-
teta kumi, isiti: Eli lilizwi LIKAYEHOVA
kuye u-Zerubabeli, lisiti:
Akungoburoti, akungamandhla, kungo-
moya wami, utsho UYEHOVA wemikosi. 7
Ungubanina wena, ntaba 'nkulu? Ebu-
sweni buka-Zerubabeli woba litafa: waeya
kuvelisa ilitye eliyinkloko ngendanduluko
*zokuti:* Ufefe! ufefe lube kulo!
8 Kanjako ilizwi LIKAYEHOVA leza kumi,
lisiti:
9 Izandhla zika-Zerubabeli ziyisekele
indhlu le, nezandhla zake zoyigqiba; na-
niya kwazi ukuba UYEHOVA wemikosi
unditumile kuni. 10 Ngokuba ngubanina
owudelileyo umhla wezinto ezincinane?
ngokuba lamehlo asixenxe KAYEHOVA, lawo
asingasingayo kuwo wonke umhlaba, ebe-
vuya akubona iplumete esandhleni sika-
Zerubabeli.
11 Ndaza ndapendula ndati kuyo: I-
yinto nina leminquma mibini ngasekunene
kwekandelare nangasekohlo kwayo? 12
Ndapendula ngokwesibini ndati kuyo:
Ziyinto nina ezombaxa zombini zemi-
nquma, eziti ngawo amabobo omabini
egolide zikupe *ioli ey*igolidera kwa kuzo?
13 Yaza yateta kumi, isiti: Akwazi na
into ziyiyo ezi? Ndati: Hai, nkosi yami!
14 Yandula yati: Ezi zingabatanjisiweyo
ababini, abemiyo pambi KWENKOSI yom-
hlaba wonke.

5 NDABUYA ndapakamisa amehlo ami,
ndakangela, kekaloku nanguya umqulu



University of Fort Hare

obalekayo. 2 Yayisiti kumi: Ubona 'nto
nina? Ndati: Ndibona umqulu obalekayo;
ubude bawo zikubite ezimashumi mabini,
nobubanzi bawo zikubite ezilishumi linye.
3 Yaza yati kumi: Lo sisiqalekiso esipu-
melayo pezu kwobuso balo lonke ilizwe;
ngokuba osukuba esibà eya kukukuliswa
ngelicala, njengokwaso; nosukuba efunga
uya kukukuliswa ngelocala, njengokwaso.
4 Ndiyasipumisa, utsho UYEHOVA wemi-
kosi, sasiya kungena endhlwini yobàyo,
nasendhlwini yolifungayo ngobuxoki i-
gama lami; ewe, sohlala pakati kwen-
dhlu yake, sigqibe yona, nemiti yayo,
namatye ayo.
5 Yandula yavela ingelosi eyateta nami,
yati kumi: Pakamisa ke amehlo ako, ubone
lento evelayo ukuba iyinina. 6 Ndati:
Yinto nina yona? Yayisiti: Le yiyefa eve-
layo. Yalekela ukuti: Le kukubonakala
kwabo kulo lonke ilizwe. 7 Kekaloku
bona ke, imbumbulo yelode ibifunqulwa;
kwabekuko umfazi ehleli pakati kwayo
iyefa. 8 Yayisiti: Lo yinkohlakalo. Ya-
ndula yamwisa pakati kwayo iyefa, nem-
bumbulo yelode yayiwisa pezu kwomlo-
mo wayo. 9 Ndaza ndapakamisa amehlo
ami, ndakangela, kekaloku bona ke, kwa-
vela abafazi babini, ummoya usemapikweni
abo; ngokuba bebenamapiko njengama-
piko eraside: bati bona bayifunqula iyefa
pakati kwomhlaba nezulu. 10 Ndaza ndati
kwingelosi eyateta nami: Bayisa iyefa
ngapina aba? 11 Yayisiti kumi: Baya-
kele indhlu elizweni le-Shinare; ngokuba
iya kumiswa, iti yona ibekwe apo pezu
kwesikondo sayo.

6 NDABUYA ndapakamisa amehlo ami,
ndakangela, kekaloku bona ke, kwa-
puma innqwelwana zanne pakati kwentaba
zimbini; kanjalo intaba ezo bezizintaba
zobedu. 2 Kweyokuqala innqwelwana
ebengamahashe abomvu; nakweyesibini
innqwelwana ebengamahashe amnyama; 3
nakweyesitatu innqwelwana ebengamaha-
she amhlope; nakweyesine innqwelwana
ebengamahashe angamarwexu nangwevu.
4 Ndaza ndapendula ndati kwingelosi eya-
teta kumi: Ayinina la, nkosi yami? 5
Yapendula ingelosi yati kumi: La ngo-
moya abane basezulwini, bepuma ekuzi-
miseni kwabo pambi KWENKOSI yomhlaba
wonke. 6 Leyo amahashe amnyama akuyo,
ayapuma wona ukuya elizweni lasenode;
namhlope ayapuma ukuya ngasemva kwa-
wo; namarwexu ayapumela elizweni lase-
suyide. 7 Apuma nangwevu, afuna ukuya
kuhambahamba elizweni. Yayisiti: Ha-
mbani, nihambahambe elizweni. Andula
ahambahamba elizweni.
8 Yaza yandibiza, yateta kumi, isiti:
Kangela, lawo apumayo ukuya elizweni
lasenode, apumzile ummoya wami elizweni
lasenode.

9 KEKALOKU ilizwi LIKAYEHOVA leza
kumi, lisiti: 10 Tabata kubatinjwa, ku-
Heledai, ku-Tobiya, naku-Yedaya, abafi-
kileyo bevela e-Babilone, uze wena nga-
lommini, ungene endhlwini ka-Josiya
unyana ka-Tsefaniya; 11 ewe, tabata
isilivere negolide, uzenze ikrone, uzibeke
pezu kwenkloko ka-Yoshuwa unyana ka-
Yotsadaki, umperisite omkulu; 12 uze
utsho kuye usiti: Utsho UYEHOVA wemi-
kosi ukuti:
Bona ke indoda, NGULISEBE igama layo,
eya kuhluma endaweni yayo, iyake ite-
mpile KAYEHOVA. 13 Kwa yona iya kuyaka
itempile KAYEHOVA, ewe, yona iya kutwala
ubungcwalisa, ihlale ipate ngobukosi pezu
kweterone yayo; yoba ngumperisite pezu
kweterone yayo kanjalo; necebo yoxolo
loba pakati kwezo*nto* zombini.
14 Nekrone ezo zoba zezika-Heleme,
nezika-Tobiya, nezika-Yedaya, nezika-
Hene unyana ka-Tsefaniya, zibe yinku-
mbuzo etempileni KAYEHOVA. 15 Baya kuza
nabakude, bayakise itempile KAYEHOVA;
naniya kwazi ukuba UYEHOVA wemikosi
unditumile kuni. Kwoza kubako *oku*,
nxa niya kuliva ngokukutala ilizwi
LIKAYEHOVA, UTIXO wenu.

7 KWAYE kute ngowesine umnyaka
ka-Dariyusi ukumkani, ilizwi LIKAYE-
HOVA leza ku-Zekariya ngowesine *umhla*
wennyanga yesitoba, ngeyo-Kisilevu; 2
nxa i-Betele yatumayo u-Sharetsere, no-
Regeme-meleke namadoda ake, ukumbo-
ngoza UYEHOVA, 3 *n*okuteta kubaperisite
abebesendhlwini KAYEHOVA wemikosi, na-
kubaprofite, ngokuti: Ndiya kulila kwe-
yesihlanu innyanga na, ndizahlula njengo-
kuba ndenje njalo leminyaka mininzi
kangaka?
4 Landula ilizwi LIKAYEHOVA wemikosi
leza kumi, lisiti: 5 Teta kubo bonke
abantu belizwe, nakubo abaperisite, usiti:



University of Fort Hare

Xeshekweni benikwenza inzilo nokulila
kweyesihlanu nakweyesixenxe *innyanga*,
kwa lominyaka ingamashumi asixenxe,
naka nandizilela mina na? 6 Naxeshe-
kweni benisidhla, naxeshekweni benisela,
beningenini abadhlayo na, beningenini
abaselayo na? 7 Lamazwi asi ngawo na
owawashumayelayo UYEHOVA ngabaprofite
bapambili, okuya i-Yerusaleme ibimiwa,
n*okuya* ibinokwonwaba, nezixeko zayo ezi-
yingqongayo, kwakumiwa isuyide netafa?
8 Leza ilizwi LIKAYEHOVA ku-Zekariya
kanjako, lisiti: 9 Wabesitsho UYEHOVA
wemikosi ukuti:

Gwebani ngokugweba okuyinnyaniso,
nenze ngobubele nangenceba omnye
kwomnye; 10 ningabandezeli umhlolo-
kazi nenkedama, owasemzini nolihlwe-
mpu; ningaqingelani ububi enkliziyweni
yenu. 11 Bati kodwa bala ukupulapula,
bapepisa igxalaba; nendhlebe zabo baze-
nza nzima, ukuba bangeva. 12 Nenkli-
ziyo yabo bayenza *njeng*edamante, ukuba
bangeva umteto, namazwi owawatumayo
UYEHOVA ngomoya wake, ngabo abaprofite
bapambili; kwaza kwabako umsindo om-
kulu uvela KUYEHOVA wemikosi. 13 Kwa-
bekute ngoko, njengokuba ebebizile yena,
bengevanga bona, kwa njalo babiza bona,
ndingevanga mina, utsho UYEHOVA wemi-
kosi; 14 kodwa ndabacita ngesaqwiti pa-
kati kwazo zonke izizwe abebengazazi;
laza ilizwe laba 'bugxwayiba emva kwabo,
kungeko owadhlulayo nowabuyayo; ngo-
kuba bebelenze ilizwe elinqwenelekileyo
libe 'bugxwayiba.

8 Leza kanjako ilizwi LIKAYEHOVA wemi-
kosi *kumi*, lisiti:

2 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Bendi-
nobukwele pezu kwe-Ziyone ngobukwele
obukulu, ewe, bendinobukwele pezu kwayo
ngoburalarume obukulu. 3 Utsho UYE-
HOVA ukuti: Sendibuyele e-Ziyone, nda-
ndiya kuhlala pakati kwe-Yerusaleme;
kanjalo i-Yerusaleme iya kubizwa ngokuti
sisixeko sennyaniso, nentaba KAYEHOVA
wemikosi ngokuti yintaba eyingcwele.
4 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Ama-
xego namaxegokazi obuya ahlale ezitara-
teni ze-Yerusaleme, amanye ngamanye e-
nemisimelelo yawo ezandhleni zawo ngen-
nxa yobuninzi bemihla. 5 Zaye izita-
rate zesixeko eso ziya kuzala ngamakwe-
nkwe nentombazana, bedhlala ezitarateni
zaso. 6 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti:
Nakuba kuya kuba ngummangaliso eme-
hlweni esisalela sababantu ngemihla leyo,
ngekuba ngummangaliso emehlweni ami
na? utsho UYEHOVA wemikosi. 7 Utsho
UYEHOVA wemikosi ukuti: Bona ke, ndiya
kusindisa abantu bami elizweni lokupuma
kwelanga, nasezweni lokutshona kwelanga;
8 ndobazisa ke, babeya kuhlala pakati kwe-
Yerusaleme; bona boba ngabantu bami,
nami ndoba NGUTIXO wabo, ngennyaniso
nangobulungisa.

9 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Iza-
ndhla zenu mazomelele, nina nivayo ku-
lemihla lamazwi ngomlomo wabaprofite,
a*betetwa* emhleni wabekwa umsekelo wayo
indhlu KAYEHOVA wemikosi, itempile, uku-
ba yakiwe. 10 Ngokuba ingekabiko lo-
mihla, ubungeko umvuzo womntu, ubu-
ngeko nomvuzo wenkomo; nakuye opu-
mayo, nakuye ongenayo, bekungeko uxolo,
ngennxa yotshaba; ewe, ndatuma bonke
abantu omnye ngakuye omnye. 11 Kodwa
kaloku andiyi kuba njengasemihleni yapa-
mbili kwisisalela sababantu, utsho UYEHOVA
wemikosi. 12 Ngokuba imbewu yoba
netamsanqa; umti weveyine uya kunika
ukuqama kwawo, nomhlaba wonika uku-
xakata kwawo, namazulu onika umbeto
wawo, nesisalela sababantu ndiya kubenza
ukuba bazifuye ezi*zinto* zonke. 13 Kwa-
kuya kuti, njengokuba nibe nisisiqalekiso
pakati kwezizwe, ndhlu ka-Juda, nendhlu
ka-Sirayeli! kwa njalo ndonisindisa, na-
niya kuba litamsanqeliso: ningoyiki, ma-
zomelele izandhla zenu. 14 Ngokuba esi-
tsho UYEHOVA wemikosi ukuti: Njengokuba
bendicinga ukunenzela ububi, nxa oyihlo
benu bandiqumbisayo, utsho UYEHOVA we-
mikosi, ndingabanga nalusizi ke; 15 kwa
njalo ndibuye ndacinga, kulemihla, ukwe-
nzela i-Yerusaleme nendhlu ka-Juda
okulungileyo: ningoyiki. 16 Zezi izinto
niya kuzenza: Tetani innyaniso omnye
kwomnye; gwebani ngennyaniso nango-
kugweba kwoxolo emasangweni enu; 17
ningaqingelani ububi enkliziyweni yenu;
nesifungo sobuxoki ningasitandi; ngokuba
zonke ezi*zinto* zezo ndizitiyayo, utsho UYE-
HOVA.

18 Kanjalo ilizwi LIKAYEHOVA wemi-
kosi leza kumi, lisiti: 19 Utsho UYEHOVA
wemikosi ukuti: Inzilo yeyesine *innya-
nga*, nenzilo yeyesihlanu, nenzilo yeyesi-
xenxe, nenzilo yeyeshumi, zoba luvuyo
nomgcobo kwindhlu ka-Juda, kwa imite-



University of Fort Hare

ndeleko eewayitileyo: kodwa tandani in-
nyaniso noxolo.
20 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti:
*Kusaza kubako*, ukuba baya kuza abantu,
nabemi bezixeko ezininzi, 21 bati abemi
besinye baye kwesinye, besiti: Masikau-
leze ukuya kumbongoza UYEHOVA, nokum-
funa UYEHOVA wemikosi; ndiya kuhamba
nami. 22 Ewe, baya kuza abantu aba-
ninzi, nezizwe ezinamandhla, ukumfuna
UYEHOVA wemikosi e-Yerusaleme, nokum-
bongoza UYEHOVA.
23 Utsho UYEHOVA wemikosi ukuti:
Ngalomihla, amadoda alishumi, kuzo zonke
inteto *n*ezizwe, aya kubamba, ewe, aya ku-
bamba isondo *lengubo* yom-Juda, esiti: Siya
kuhamba nani; ngokuba sivile *ukuba* UTIXO
unani.

9 UMGWEBO welizwi LIKAYEHOVA nga-
kulo ilizwe le-Haderaki, lowo i-Dama-
kusi *yoba* yindawo yokupumla kwawo, oko
*aya kubeka* NGAKUYEHOVA amehlo abantu, na-
wezizwe zonke zo-Sirayeli. 2 Kwa ne-Ha-
mati *e*hlangana nomda walo; i-Tire, ne-Tsi-
done, nakuba ilumkile kakulu. 3 Nangona
i-Tire izakele innqaba, yafumbelela isili-
vere njengotuli, negolide njengodaka lwe-
zitarate; 4 bona ke, INKOSI iya kuyigxota,
nobutyebi bayo yobuwisela elwandhle, na-
yo yona iya kudhliwa ngumlilo. 5 I-Ashe-
kelone yobona, yoyike; *yobona* ne-Gaza,
itutumele kakulu; ne-Hekrone, ngokuba
itemba layo lidanisiwe; kanjalo ukumkani
wobuba e-Gaza, ne-Ashekelone ayiyi ku-
miwa. 6 Owolunye uhlanga uya kuhlala
e-Ashedode, neratshi lama-Filistiya ndoli-
nqumla. 7 Igazi lake ndolisusa emlonyeni
wake, nezinto zake ezizondekileyo kwa
pakati kwamazinyo ake; waye kwa yena
eya kusalela UTIXO wetu: ewe, woba nje-
ngenkosi kwa-Juda, ne-Hekrone njengom-
Yebusi. 8 Ndandiya kuyipahla indhlu
yami ngennxa yempi, ngennxa yedhlulayo,
nangennxa yebuyayo; kwaye kungayi ku-
buya kudhlule pakati kwabo umbandezeli;
ngokuba kaloku ndibonile ngamehlo ami.
9 Gcoba kakulu, ntombi yase-Ziyone!
danduluka, ntombi yase-Yerusaleme! bona
ke, ukumkani wako uyeza kuwe; elungile,
enosindiso, elulamile, ekwele eqwarashe-
ni, kwa seqwarashaneni elilitole leqwara-
shekazi. 10 Innqwelo ndiya kuyinqamla
kwa-Frayime, nehashe e-Yerusaleme; siya
kunqanyulwa nesipeta sokulwa; waeya
kuteta uxolo kubaheyideni; nobukosi bake
boba kwa selwandhle kude kube selwa-
ndhle, nakuwo umlambo kude kube sezin-
ncanyeni zomhlaba. 11 Kanjako wena,
ngegazi locebano lwako, ndibakupile aba-
banjwa bako emnxunyeni ekungeko amanzi
kuwo. 12 Buyelani ennqatyeni, nina 'ba-
banjwa abanetemba! ndiyaxela kwa nam-
hla *ukuba* ndobuyisela kuwe ngokupindi-
weyo; 13 ngokuba ndizigobele u-Juda,
isipeta ndisizalisile ngo-Frayime, nonyana
bako, Ziyone! ndibavusile ngakubo onyana
bako, Javane! ndandikwenzile njengesirele
soligora. 14 Waye UYEHOVA eya kubona-
kala ngennxa yabo, nentolo zake ziya ku-
puma njengemibane; ewe, INKOSI ENGUYE-
HOVA yovutela ngexilongo, ihambe ezaqwi-
tini zasesuyide. 15 UYEHOVA wemikosi
wobakusela; baya kudhla, banyatele pantsi
amatye okusaula; baya kusela, baya kuxo-
kozela, njeng*abasela* iveyine; boba bezele
njengendebe, njengamagumbi esibingelo.
16 Waeya kuti UYEHOVA, UTIXO wabo, aba-
sindise ngomhla lowo, njengokuba be-
ngumhlambi wabantu bake; ngokuba beya
kuba *njeng*amatye esitsaba, ezipakamisa
pezulu pezu kwelizwe lake. 17 Ngokuba
kukulu kangakananina ukulunga kwake!
bukulu kangakananina ubuhle bake! in-
nqolowa *yocumisa* amadodana, neveyine
entsha yocumisa intombi.

10 YICELENI KUYEHOVA imvula ngexe-
sha lemvula yasemva: UYEHOVA uya-
yenza imibane, nomvumbi wemvula uya-
wunika kubo, *enika* kwabanye ngabanye
innca ezindhleni. 2 Ngokuba iterafi zibe
ziteta okungento, nabalauli bebebona
ubuxoki; batyela amapupa angendawo,
bafumana betutuzela; ngako oko be-
mka njengegusha, babandezelwa, ngokuba
bekungeko umalusi. 3 Ingqumbo yami
yavuta ngakubo abalusi, ndababeta aba-
kokeli: koko UYEHOVA wemikosi ekangele
umhlambi wake, indhlu ka-Juda, wabenza
njengehashe lake elomeleleyo ekulweni.
4 Kwovela kuye ilitye legumbi, kwovela
kuye isikonkwane, kwovela kuye isipeta
sokulwa; kwopuma kuye bonke abapati
kwa kunye. 5 Boba njengamagora anya-
telayo *intshaba* eludakeni lwezitarate eku-
lweni; babeya kulwa, ngokuba UYEHOVA
enabo, nabakweli bamahashe baya kudani-
swa.
6 Kanjalo ndiya kuyomeleza indhlu ka-



University of Fort Hare

Juda, nendhlu ka-Josefe ndoyisindisa ; ndo-
buya ndibahlalise, ngokuba ndinenceba
kubo ; babeya kuba njengokungati bendi-
ngabalahlanga ; ngokuba mina 'YEHOVA
ndiNGUTIXO wabo, ndandiya kubapulapula.
7 No-Frayime bona boba njengoligora ;
inkliziyo yabo yovuya, njeng*abasela* ive-
yine ; ewe, abantwana babo bobona, ba-
vuye ke ; inkliziyo yabo yogcoba KUYE-
HOVA. 8 Ndobalozela, ndibabute, ngokuba
ndibakulule ; babeya kwanda, njengokuba
bebesanda *pambili*. 9 Nakuba ndibahlwa-
yele pakati kwezizwe, baya kundikumbula
noko emazweni akude ; babeya kupila
kunye nabantwana babo, babuye ke. 10
Ngokuba ndiya kubabuyisa elizweni le-
Jipete, ndibabute nase-Asiriya ; ndandiya
kubazisa elizweni le-Gileyadi ne-Leba-
none, kodwa aliyi kubanela. 11 Waeya
kuwela ulwandhle ngosizi, awabete amaza
pakati kwolwandhle, nazo zonke inzulu
zomlambo ziya kwoma ; iratshi le-Asiriya
liya kuhliswa pantsi, nentonga ye-Jipete
iya kumka. 12 Ndandiya kubomeleza
NGOYEHOVA, nasegameni lake baya ku-
hambahamba, utsho UYEHOVA.

11 ZIVULE, Lebanone! ingcango zako,
uze umlilo utshise isedare zako. 2
Lila, wena 'beroshe! ngokuba isedare
iwile, ngokokuba amangangamsha ecitiwe ;
lilani, nina 'ziyeke zase-Bashane! ngokuba
ihlati elinqatyisiweyo lihlile pantsi. 3 *Kuko*
ilizwi lokulila kwabalusi, ngokuba ubu-
ngangamsha babo bucitiwe : *kuko* ilizwi
lokukonya kwengonyama ezintsha, ngo-
kuba iratshi le-Yoredane licitiwe.
4 Utsho UYEHOVA, UTIXO wami, ukuti :
Yalusa igusha zokuxèlwa ; 5 abati abafuyi
bazo bazixèle, kodwa abanikwa ityala ;
nabo abatengisa ngazo, *bonke* bati : Maka-
dunyiswe UYEHOVA, ndityetyisiwe nje !
nabalusi bazo, akuko namnye onenceba
ngakuzo. 6 Ngokuba ndingayi kubuya
ndibe nenceba ngakubo abemi belizwe,
utsho UYEHOVA ; kodwa bona ke, ndiya
kunikela amadoda amanye ngamanye esa-
ndhleni sommelwane wawo, nasesandhleni
sokumkani wawo : babeya kucitakalisa
ilizwe, ndaye ndingayi kuwahlangula
esandhleni sabo.
7 Ndazalusa igusha zokuxèlwa, igusha
ezilusizi kunene ! Ndaza ndazitabatela
intonga zambini ; ennye ndayibiza ngokuti
lufefe ; nennye ndayibiza ngokuti zimbo-
pelelo ; ndazalusa igusha ke. 8 Kanjalo
abalusi abatatu ndabanqamla pakati kwen-
nyanga 'nnye ; wati umpefumlo wami
wabacapukela, wati nompefumlo wabo wa-
nditiya. 9 Ndaza ndati : Andiyi kunalusa :
leyo iza kufa, maife ; naleyo iza kunqa-
nyulwa, mainqanyulwe ; neziseleyo, maiti
ennye idhle innyama yennye.
10 Ndaza ndayitabata intonga yami e-
lufefe, ndayinqumla kubini, ukuze ndilwa-
pule ucebano lwami endibe ndilwenzile
nabantu bonke. 11 Lwaye lusapulwa
ngalomhla ; zaza igusha ezilusizi kunene,
ezandilumkelayo, zakwazi ukuba lilizwi
LIKAYEHOVA. 12 Ndaye ndisiti kubo :
Ukuba kulungile emehlweni enu, nikani
umvuzo wami ; ukuba aku*lungile*, niyeke.
Bandula balinganisela umvuzo wami *ama-
qosha* esilivere angamashumi matatu. 13
Waza UYEHOVA wati kumi : Yiposele kum-
bumbi,—inani elikulu nje endenzelwayo
inani ngabo ! Ndaza ndatabata *lomaqosha*
esilivere engamashumi matatu, ndayipo-
sela endhlwini KAYEHOVA, kumbumbi.
14 Ndandula ndayinqumla kubini into-
nga yami yesibini, e-zimbopelelo, ukuze
ndiqipule ubuzalwana pakati kwo-Juda
no-Sirayeli.
15 Wayesiti UYEHOVA kumi : Yiti ka-
njako uzitabatele impahla zomalusi osi-
denge. 16 Ngokuba, bona ke, ndiya kuvusa
umalusi elizweni ; ezo ziza kunqanyulwa
akayi kuya kuzikangela, elahlekileyo akayi
kuyifuna, neyapukileyo akayi kuyipolisa,
emiyo akayi kuyonga ; kodwa uya kuyidhla
innyama yezityebileyo, nempupu zazo
wozirazula. 17 Kwoba nzima kumalusi
ongendawo oshiyayo umhlambi ! isirele
soba pezu kwengalo yake, napezu kweliso
lake lokunene ; ingalo yake yogqibela uku-
shwabana, neliso lake lokunene logqibela
ukuba luzizi.

12 UMGWEBO welizwi LIKAYEHOVA
ngo-Sirayeli : Uti UYEHOVA, owatwa-
bulula amazulu, owabeka ukuseka kwom-
hlaba, owadala ummoya womntu pakati
kwake :
2 Bona ke, ndiya kuyenza i-Yerusaleme
indebe yesizunguzane kubo bonke abantu
abangqongayo ; kwoba njalo nako-Juda,
ekuvingcelweni kwe-Yerusaleme. 3 Kwa-
kuya kuti ngomhla lowo, ndoyenza i-Yeru-
saleme ilitye elisindayo kubo bonke aba-
ntu ; bonke abaya kulifunqula bogetyulwa



University of Fort Hare

kakulu: noko, ziya kuhlanganisana nga-
kuyo zonke izizwe zomhlaba. 4 Ngomhla
lowo, utsho UYEHOVA, ndiya kubeta onke
amahashe ngokuti nqa, nabakweli bawo
ngobugeza; kodwa pezu kwendhlu ka-
Juda ndiya kuvula amehlo ami, nawo onke
amahashe ezizwe ndowabeta ngobumfama.
5 Kanjalo inkosi zakwa-Juda zoti enklizi-
yweni yazo: Amandhla ami ngabemi base-
Yerusaleme, ngaye UYEHOVA wemikosi,
UTIXO wabo. 6 Ngomhla lowo ndiya ku-
zenza inkosi zakwa-Juda zibe njengeziko
lomlilo pakati kwenkuni, nanjengesibane
somlilo esitungwini; zaziya kubadhla
bonke abantu abangqongayo, ngasekunene
nangasekohlo; ngokuba i-Yerusaleme iya
kubuya ihlale endaweni yayo e-Yerusa-
leme. 7 Waye UYEHOVA eya kusindisa
intente zakwa-Juda kuqala, ukuze ubu-
ngcwalisa bendhlu ka-Davide, nobungcwa-
lisa babemi base-Yerusaleme, bungenzwa
bukulu ngapezu kwo-Juda. 8 Ngomhla
lowo UYEHOVA wobakusela abemi base-
Yerusaleme; aze okùbekayo pakati kwabo
ngomhla lowo abe njengo-Davide, nendhlu
ka-Davide ibe NJENGOTIXO, njengengelosi
KAYEHOVA pambi kwabo. 9 Kwakuya kuti
ngomhla lowo, ndiya kufuna ukutshabala-
lisa zonke izizwe ezizayo ngakuyo i-Yeru-
saleme. 10 Koko ndiya kugalela pezu
kwendhlu ka-Davide, napezu kwabemi
base-Yerusaleme, ummoya wofefe nowezi-
taruziso, babeya kukangela kumi, lowo
bamhlabileyo, benze isijwili pezu kwake,
njengesijwili *esenze*lwa okupela kwomntwa-
na, babe noburara ngennxa yake, njengo-
kuba kunoburara ngennxa yowamazibulo.
11 Ngomhla lowo kwobako isijwili esikulu
e-Yerusaleme, njengesijwili se-Hadadri-
mone emhlanjeni wase-Megido. 12 Ilizwe
liya kusenza isijwili, izizalwane zizodwa
ezinye ngezinye; isizalwane sendhlu ka-
Davide sisodwa, nabafazi babo bebodwa;
isizalwane sendhlu ka-Natane sisodwa,
nabafazi babo bebodwa; 13 isizalwane
sendhlu ka-Levi sisodwa, nabafazi babo
bebodwa; isizalwane sika-Shimehi siso-
dwa, nabafazi babo bebodwa; 14 zonke
izizalwane eziseleyo, izizalwane zizodwa
ezinye ngezinye, nabafazi babo bebodwa.
13 Ngomhla lowo umtombo wovulelwa
indhlu ka-Davide, nabemi base-Yeru-
saleme, ngennxa yesono nangennxa yoku-
ncola. 2 Kwakuya kuti ngomhla lowo,
utsho UYEHOVA wemikosi, ndowanqamla
amagama ezitixo elizweni; akasayi kuba
sakunjulwa: kanjalo abaprofite nomoya
oncolileyo ndiya kubemkisa elizweni. 3
Kwakuya kuti, nxa kusaprofitesha umntu,
baya kwandula uyise wake nonina wake
abamzalayo bati kuye: Akuyi kudhla
ubomi; ngokuba uteta ubuxoki egameni
LIKAYEHOVA: kanjako uyise wake nonina
wake abamzalayo baya kumhlaba nxa apro-
fiteshayo. 4 Kwakuya kuti ngomhla lowo,
abaprofite baya kudana, abanye ngabanye
ngennxa yomboniso wabo, nxa baprofite-
shayo; baye bengayi kuyambata ingubo
yoboya ukuze baxokise. 5 Kodwa uya
kuti: Andinguye umprofite, ndingolimayo
umhlaba mina; ngokuba ndikonzisiwe
ngabantu kuselokwa sebutsheni bami. 6
Kwakuya kutiwa kuye: Ayinina ama-
nxeba la ezandhleni zako? Waeya kuti:
Ngalawo bendilinyazwa ngawo endhlwini
yezihlobo zami.

7 VUKA, sirele! ngakuye umalusi wa-
mi, nangakuyo indoda elikolwane lami,
utsho UYEHOVA wemikosi: beta umalusi,
zaziya kucitwa igusha; kodwa ndiya ku-
buyisela isandhla sami ngakuzo ezinnci-
nane. 8 Kwakuya kuti kulo lonke ilizwe,
utsho UYEHOVA, zonqanyulwa izahlulo zi-
bini ezikulo, zibube ke; kodwa isahlulo
sesitatu siya kusala kulo. 9 Ndandiya
kungenisa esesitatu isahlulo emlilweni,
ndibacokise njengokuba icokiswa isilivere,
ndibalinge njengokuba ilingwa igolide;
sona siya kubiza egameni lami, nami ndiya
kusipulapula; ndoti mina: Singabantu
bami; soti sona: UYEHOVA NGUTIXO wami.
14 Bona ke, umhla KAYEHOVA uyeza, nxa
amaxoba ako aya kwabiwa pakati
kwako. 2 Ngokuba ndiya kuhlanganisa
izizwe zonke ngakuyo i-Yerusaleme kuzo
kuliwe; soti isixeko sibanjwe, nezindhlu
zipangwe, nabafazi badhlwengulwe; isi-
qingata sesixeko siya kupuma ngokuti-
njwa, kodwa abantu abaseleyo abayi ku-
nqanyulwa esixekweni. 3 Waeya kupuma
UYEHOVA, alwe nezizwe ezo, njengokuya
abesilwa emhleni wokulwa. 4 Innyawo
zake ziya kuma ngomhla lowo pezu kwen-
taba yeminquma, epambi kwo-Yerusaleme
ngecala lipuma ilanga; yoti intaba yemi-
nquma icandeke pakati kwayo, ngasempu-
malanga, nangasentshonalanga, ibe ngum-
hlambo omkulu kakulu; esinye isiqingata
sentaba sokwelela ngasenodo, nesinye



University of Fort Hare

isqingata ngasesuyide. 5 Naniya kwesa-
bela emhlanjeni wentaba zami; ngokuba
umhlambo wentaba ezo uya kufikelana ne-
Atsele: ewe, niya kwesaba njengokuya
nibe nisaba pambi kwesingcangcazelo
somhlaba, emihleni ka-Huziya ukumkani
wo-Juda; ngokuba UYEHOVA, UTIXO wami,
eya kuza, bonke abangcwele benawe. 6
Kwakuya kuti ngomhla lowo, akuyi ku-
bako ukukanya; izikazimlo *zezulu* zofi-
nyela. 7 Kodwa kwobako umhla owodwa,
(uyaziwa wona NGUYEHOVA,) ungeyiyo im-
mini, ungebubo nobusuku; ngokuba kuya
kuti, ngexesha lokuhlwa kuya kubako
ukukanya. 8 Kwakuya kuti ngomhla
lowo, amanzi apilileyo opuma e-Yerusa-
leme; esinye isiqingata sawo *oya* elwandhle
lwapambili, nesinye isiqingata sawo *oya*
elwandhle lwasemva; kwoba njalo ehlo-
tyeni nasebusika. 9 Waye UYEHOVA eya
kuba ngukumkani pezu kwomhlaba wonke:
ngomhla lowo kwobako UYEHOVA yedwa,
negama lake lodwa. 10 Ilizwe lonke
loguqulwa libe njengetafa kwa se-Geba
kude kube se-Rimone, ngasesuyide ne-
Yerusaleme; yaiya kupakanyiswa, ihlale
endaweni yayo, kwa kulo isango lika-
Benjamine kude kube sendaweni yesango
lokuqala, esangweni lamagumbi; na*kuyo*
innqaba ye-Hananele kude kube sezifatyeni
zeveyine zokumkani. 11 Kwakuya ku-
hlalwa kuyo; akusayi kubako 'siqalekiso
kanjako; koko i-Yerusaleme iya kuhlala
ngokunqaba.
12 Esi siya kuba sisibulawa, aya kuti
UYEHOVA ngaso abulale bonke abantu
abalwileyo ngakuyo i-Yerusaleme: innya-
ma yabo yongcungcuteka besemi bona pezu
kwennyawo zabo, namehlo abo ongcungcu-
teka ezintunjeni zawo, nolwimi lwabo lwo-
ngcungcuteka emlonyeni wabo. 13 Kwa-
kuya kuti ngomhla lowo, kwobako impiti-
zelo enkulu ivela KUYEHOVA pakati kwabo,
ade omnye abambe isandhla somnye, siti
isandhla sake sinyuke ngakuso isandhla
somnye. 14 Kanjalo o-Juda nabo baya
kulwa e-Yerusaleme; kwakuya kubutwa
ubutyebi bazo zonke izizwe ezingqongayo,
igolide, nesilivere, nezivato, ngento enninzi
kakulu. 15 Soba kwa njalo isibulawa
samahashe, *n*esamaqwarara, *n*esenkamela,
nesamaqwarashe, nesazo zonke izilo eziya
kubako eminqubeni leyo, njengaso esisi-
bulawa.
16 Kwakuya kuti, bonke abaseleyo kuzo
zonke izizwe eziya kuza ngakuyo i-Yerusa-
leme, baya kunyuka kwiminyaka ngemi-
nyaka ukuya kumbedesha ukumkani, UYE-
HOVA wemikosi, nokuwenza umtendeleko
wamapempe. 17 Kwakuya kuti, abo ba-
sukuba benganyuki, kuzo izizalwane zom-
hlaba, ukuya e-Yerusaleme, ukumbede-
sha ukumkani, UYEHOVA wemikosi, kwa
pezu kwabo akuyi kubako imvula. 18
Nesizalwane sama-Jipete, ukuba asinyuki,
nokuba asizi, ekungeko pezu kwawo *imvula*,
kwobako *kona* isibulawa, aya kuti UYEHOVA
ngaso abulale izizwe ezingayi kunyuka
ukuya kuwenza umtendeleko wamapempe.
19 Oku kwoba kukubetwa kwama-Jipete,
nokubetwa kwazo zonke izizwe ezingayi
kunyuka ukuya kuwenza umtendeleko
wamapempe. 20 Ngomhla lowo kwobako
pezu kwentsimbi ezikencezayo zamahashe
*isibàlo sokuti:* UBUNGCWELE KUYEHOVA; nem-
biza ezisendhlwini KAYEHOVA zona ziya
kuba njengendebe ezipambi kwesibingelo.
21 Ewe, zonke imbiza ezise-Yerusaleme
nakwa-Juda zoba bubungcwele KUYEHOVA
wemikosi; babeya kuza bonke ababingayo,
batabate kuzo, bapeke kuzo; kanjalo aku-
sayi kuba sabako um-Kanane endhlwini
KAYEHOVA wemikosi ngomhla lowo.

# INNCWADI KAMALAKI.

## ISAHLUKO I.

UMGWEBO welizwi LIKAYEHOVA ko-
Sirayeli ngaye u-Malaki.
2 Ndinitandile nina, utsho UYEHOVA;
kanti niti: Usitandile ngokuyinina? U-
Esau ubengengumkuluwe ku-Yakobi na?
utsho UYEHOVA; noko ndamtanda u-Yakobi,
3 no-Esau ndamtiya; ndazenza intaba zake
zibe yingcitakalo, nelifa lake libe lelem-
pungutye zenklango. 4 Ngokokuba isiti i-



University of Fort Hare

Edome: Sihlentshuzisiwe, kodwa sobuya
siwake amanxuwa; utsho UYEHOVA wemi-
kosi ukuti: Bangaka bona, kodwa ndiya
kucita mina; babeya kubizwa ngokuti:
Ngumda wenkohlakalo; nangokuti: Nga-
bantu UYEHOVA abaqumbelayo kude kube
ngunapakade. 5 Aya kubona namehlo enu,
naniya kuti: UYEHOVA makenzwe 'mkulu
kwa semdeni wakwa-Sirayeli.

6 Ongunyana uyambeka uyise, nosisi-
caka inkosi yake: ukuba ke ndinguyise,
kupina ukubekwa kwami? nokuba ndi-
yinkosi, kupina ukwoyikwa kwami? utsho
UYEHOVA wemikosi kuni, baperisite, aba-
delayo igama lami! Niti noko: Igama
lako silidelile ngokuyinina? 7 Ngokuni-
kela isonka esincolisekileyo pezu kwezi-
bingelo zami. Niti noko: Sikuncolisile
ngokuyinina? Ngokutsho kwenu ukuti:
Itafile KAYEHOVA idelekile. 8 Kanjalo
xeshekweni ninikelayo into eyimfama
ibe lidini, asi kuko okubi na? naxeshe-
kweni ninikelayo esisiqwala nengumlwe-
lwe, asi kuko okubi na? yinikeleni
ke kwinkosi yako; yokoliswa nguwe na?
umhlaumbi yobubuka ubuso bako na?
utsho UYEHOVA wemikosi. 9 Ngako ka-
loku, bongozani UTIXO, ukuba asipate ngo-
fefe: kuhlile oku ngani; wobubuka ubuso
benu na? utsho UYEHOVA wemikosi. 10
Ngubanina kwa pakati kwenu oya kuvala
ingcango? ewe, aniyi kubasa pezu kwesi-
bingelo sami ungeko umvuzo. Andinalu-
yolo kuni, utsho UYEHOVA wemikosi, andiyi
kuwamkela umnikelo wokudhla esandhleni
senu kanjalo. 11 Koko kwa sekupumeni
kwelanga kude kube sekutshoneni kwalo,
loba likulu igama lami pakati kwezizwe;
nakuzo zonke indawo isiqumiso siya kuni-
kelwa kwigama lami, nomnikelo wokudhla
ococekileyo: ngokuba igama lami liya
kuba likulu pakati kwezizwe, utsho UYEHOVA
wemikosi. 12 Kodwa nina nilidyobile
ngokutsho kwenu ukuti: Itafile KAYEHOVA
incolisekile, nesixakato sayo, ukutya kwayo,
sidelekile. 13 Nite kanjako: Hai ukuba
yinkatazo ke! ewe, nikucekisile, utsho
UYEHOVA wemikosi; nanizisile innxwelera,
nesiqwala, nomlwelwe; nizisile nomnikelo
wokudhla; ngendiwamkela esandhleni senu
na? utsho UYEHOVA. 14 Kodwa makaqa-
lekiswe umkohlisi, onenkunzi emhlambini
wake, andule asenze isibambiso, anikele
ENKOSINI into eyonakeleyo; ngokuba ndi-
ngukumkani omkulu, utsho UYEHOVA wemi-
kosi, negama lami liya kwoyikeka pakati
kwezizwe.

2 Nakaloku *kutunyiwe* kuni lomyalelo,
baperisite! 2 Nxa ningayi kupulapula,
nanxa ningayi kubeka inkliziyo, ukuba
kudunyiswe igama lami, utsho UYEHOVA
wemikosi, ndiya kwandula nditume isiqa-
lekiso pakati kwenu, ndiwaqalekise ama-
tamsanqa enu: ewe, ndowaqalekisa *onke*
ngamanye, ngokuba ningabeki inkliziyo.
3 Bona ke, ndiya kukalimela imbewu
yenu; ndandiya kucita umswane pezu
kwobuso benu, umswane *wemibingo* yemi-
tendeleko yenu; nani nosuswa kunye na-
wo. 4 Naniya kukwazi ukuba ndiwutu-
mile kuni lomyalelo, luze lubeko ucebano
lwami no-Levi, utsho UYEHOVA wemikosi.
5 Ucebano lwami beluko naye, ubomi no-
xolo; ndandizinika kuye, *ngenxa* yokwo-
yika wandoyika ngako, nokunkwantya
abenako pambi kwegama lami. 6 Umteto
wennyaniso ubusemlonyeni wake; ubume-
nemene bebungafunyanwa pezu kwodebe
lwake; wahamba nami ngoxolo nangolu-
ngelelano, nabaninzi wabanqanda enkohla-
kalweni. 7 Ngokuba umlomo womperisite
ngeugcina ukwazi, nomteto ngekufunwa
wona emlonyeni wake; ngokuba yena
esisitunywa SIKAYEHOVA wemikosi. 8 Nina
kodwa, nipambukile endhleleni, nibakûbe-
kisile abaninzi emtetweni, nilwonakalisile
ucebano luka-Levi, utsho UYEHOVA wemi-
kosi. 9 Ngako nami ndinenzile abadele-
kileyo nabatobekileyo pambi kwabo bonke
abantu; ngokokuba ningagcinanga in-
dhlela zami, kodwa nipete umteto ngoku-
keta abantu.

10 TINA sonke asinaye ubawo emnye
na? asi nguye UTIXO emnye osidalileyo na?
kunganina ukuba sipatane ngobuxoki, silu-
dyoba ucebano lwobawo betu nje? 11 U-
Juda wenzile ngobuxoki, nento eyintsho-
ntsho yenziwe kwa-Sirayeli nase-Yerusa-
leme; ngokuba u-Juda ebudyobile ubu-
ngcwele BUKAYEHOVA, obo wabutandayo,
wayizeka intombi yotixo wasemzini. 12
UYEHOVA uya kunqamla umntu okwenzayo
oku, lowo olindayo, nalowo opendulayo,
ezintenteni zakwa-Yakobi, nalowo onikela
umnikelo wokudhla KUYEHOVA wemikosi.
13 Lento ke niyenzile ngokwesibini, nigu-
bungela isibingelo SIKAYEHOVA ngennye-
mbezi, ngokulila nangokugula, ude ungabi
sabekwa umnikelo, ungamkelwa ngembuko



University of Fort Hare

esandhleni senu kanjalo. 14 Noko niti: Ngennxa yanina? Ngennxa yokuba UYEHOVA ebelinqìna pakati kwako nomfazi wobutsha bako, owenzileyo ngobuxoki ngakuye, nangona abengumlinganekazi wako, nomfazi wocebano lwako. 15 Kanene akamnye na amdalileyo, nakuba abenesisalela sommoya? Ebemnye nganina? Ngokuba efuna inzalo KATIXO. Ngako lumkelani ummoya wenu, ukuba kungabiko owenza ngobuxoki emfazini wobutsha bake. 16 Ngokuba etiya ukuba kulahlwe, utsho UYEHOVA, UTIXO wo-Sirayeli, nokuba *indoda* igubungele ingubo yayo ngobudhlwengu, utsho UYEHOVA wemikosi: ngako lumkelani ummoya wenu, ukuba ningenzi ngobuxoki.

17 NIMDINISILE UYEHOVA ngamazwi enu. Noko niti: Simdinisile ngokuyinina? Ngokutsho kwenu ukuti: Bonke abakwenza okukohlakeleyo balungile emehlweni KAYEHOVA, uyabatanda; umhlaumbi *ngokuti:* Upina UTIXO wobugwebo?

3 Bona ke, ndiya kutuma isitunywa sami, esiya kulungisa indhlela pambi kwami; yaiya kuza ngokwalama etempileni yayo INKOSI eniyifunayo, kwa isitunywa socebano enisitandayo: bona ke, iya kuza, utsho UYEHOVA wemikosi. 2 Kodwa umhla wokuza kwayo ngubanina ongawunyamezelayo? kanjalo ngubanina ongemayo yakubonakala? ngokuba injengomlilo wenncibi yegolide, nanjengesepe yabasuki. 3 Iya kuhlala ke, icokisa ihlambulula isilivere; yobahlambulula onyana baka-Levi, ibacokise njengegolide nanjengesilivere, ukuze banikele umnikelo wokudhla KUYEHOVA ngobulungisa. 4 Uya kwandula ube mnandi KUYEHOVA umnikelo wokudhla wo-Juda ne-Yerusaleme, njengasemihleni yakudala, nanjengaseminyakeni yangapambili. 5 Kodwa ndiya kusondela kuni kuze kugwetywe; ndandiya kuba linqìna elikaulezayo ngakuzo izanuse, nangakubo abarexezi, nangakubo abafungayo ngobuxoki, nangakubo abamhluta umqeshwa umvuzo *wake, ababandezela* umhlolokazi nenkedama, nabasongayo owasemzini *ebangweni lake*, bengandoyiki mina, utsho UYEHOVA wemikosi. 6 Ngokuba ndiNGUYEHOVA, andiguquki; kukona ningagqityelwanga, nina 'bonyana baka-Yakobi!

7 Kuselokwemihla yoyihlo benu nipambukile kuyo imimiso yami, ningayigcinanga: buyelani kumi, ndandiya kubuyela kuni, utsho UYEHOVA wemikosi. Kanti niti: Sobuya nganina? 8 Woti umntu ampange UTIXO na? Nipangile mina noko. Kanti niti: Sikupangile nganina? Ngamashumi nangeminikelo. 9 Niqalekisiwe ngesiqalekiso; ngokuba nina, esisizwe sonke, nindipangile. 10 Zisani onke amashumi endhlwini yokubekela, nkuze kubeko ukudhla endhlwini yami, nize nindilinge ke ngoku, utsho UYEHOVA wemikosi, ukuba andiyi kunivulela na izituba zezulu, ndinitululele itamsanqa, kude kngqitise ukwanela. 11 Nento edhlayo ndiya kuyikalimela ngennxa yenu; ayiyi kuzonakalisa izixakato zomhlaba wenu; kanjalo umti weveyine wenu entsimini awuyi kuputa, utsho UYEHOVA wemikosi. 12 Ewe, izizwe zonke ziya kuti ninetamsanqa; ngokuba niya kuba lilizwe elitandekileyo, utsho UYEHOVA wemikosi.

13 Amazwi enu ebelukuni ngakumi, utsho UYEHOVA; kodwa niti: Yinto nina siyitetileyo ngakuwe? 14 Nite: Kufumana kukonzwa UTIXO; kunceda 'nto nina ukuba sigcina isigcinelo sake, nokuba sihamba silila pambi KWOYEHOVA wemikosi? 15 Ngokuba kaloku siti banetamsanqa abaratshileyo; ewe, bayakiwa abo bayenza inkohlakalo; he, bayamlinga UTIXO, basindiswe noko. 16 Oko batetana abo bamoyikayo UYEHOVA omnye nomnye; wapulapula UYEHOVA, weva ke; kanjalo innewadi yokukumbuza yabàlwa ebusweni bake, *ibàl*elwa abo bamoyikayo UYEHOVA, nabacingayo igama lake. 17 Boba yinto enqabileyo kumi, utsho UYEHOVA wemikosi, ngalomhla endiwenzayo; ndandiya kuba nezibele kubo, njengokuba uyise enezibelo kunyana wake omkonzayo. 18 Niya kwandula nibuye niqiqe pakati kwolungileyo nokohlakeleyo, pakati kwalowo umkonzayo UTIXO, nalowo ungamkonziyo.

4 Ngokuba, bona ke, umhla uyeza, oya kuvuta njengeziko; bandule abaratshileyo, nabo bonke abayenza inkohlakalo, babe zindiza, uti umhla ozayo ubatshise, utsho UYEHOVA wemikosi, ude ungabashiyeli nengcambo nesebe. 2 Kodwa nina niloyikayo igama lami, ilanga lobulungisa lonipumela, linokupilisa emapikweni alo; naniya kupuma, nidhlobe njengamatole asesitaleni. 3 Kanjalo nobanyatela pantsi abakohlakeleyo; ngokuba beya kuba lututu ngapantsi kwemizantsi yennyawo



University of Fort Hare

zenu, kulomhla endiwenzayo, utsho UYE-
HOVA wemikosi. 4 Kumbulani umteto ka-
Mosesi isicaka sami, lowo ndamyalelayo
e-Horebe ngennxa yo-Sirayeli bonke, imi-
miso nezigwebo, 5 Bona ke, ndiya ku-
tuma kuni u-Elija umprofite, ungekafiki
umhla KAYEHOVA omkulu owoyikekileyo:
6 waeya kuti inkliziyo yoyise ayiguqulele
kubantwana, nenkliziyo yabantwana *ayi-
guqulele* koyise; hleze ndize ke ndilibete
ilizwe ngesiqalekiso.

ISIPELO SETESTAMENTE ENDALA.

University of Fort Hare

# ITESTAMENTE ENTSHA:

OKO KUKUTI,

ZONKE IZIBALO ZOCEBANO OLUTSHA LWENKOSI YETU

# UYESU KRESTU.

University of Fort Hare

# AMAGAMA

## ENNCWADI ZONKE ZETESTAMENTE ENTSHA,

### NENANI LEZAHLUKO ZAZO.

| | INEZAHLUKO |
|---|---|
| Ivangeli ka-Mateyu | 28 |
| Ivangeli ka-Maraki | 16 |
| Ivangeli ka-Luke | 24 |
| Ivangeli ka-Johane | 21 |
| Izenzo zabapostile | 28 |
| Inncwadi ka-Paulusi kuma-Roma | 16 |
| Eyokuqala inncwadi ka-Paulusi kuma-Korinte | 16 |
| Eyesibini inncwadi ka-Paulusi kuma-Korinte | 13 |
| Inncwadi ka-Paulusi kuma-Galati | 6 |
| Inncwadi ka-Paulusi kuma-Efese | 6 |
| Inncwadi ka-Paulusi kuma-Filipi | 4 |
| Inncwadi ka-Paulusi kuma-Kolose | 4 |
| Eyokuqala inncwadi ka-Paulusi kuma-Tesalonika | 5 |
| Eyesibini inncwadi ka-Paulusi kuma-Tesalonika | 3 |
| Eyokuqala inncwadi ka-Paulusi ku-Timote | 6 |
| Eyesibini inncwadi ka-Paulusi ku-Timote | 4 |
| Inncwadi ka-Paulusi ku-Titusi | 3 |
| Inncwadi ka-Paulusi ku-Filemone | 1 |
| Inncwadi ka-Paulusi kuma-Hebere | 13 |
| Inncwadi ka-Yakobi | 5 |
| Eyokuqala inncwadi ka-Petrosi | 5 |
| Eyesibini inncwadi ka-Petrosi | 3 |
| Eyokuqala inncwadi ka-Johane | 5 |
| Eyesibini inncwadi ka-Johane | 1 |
| Eyesitatu inncwadi ka-Johane | 1 |
| Inncwadi ka-Jude | 1 |
| Isityilo sika-Johane | 22 |

University of Fort Hare

# IVANGELI ENGCWELE

NGOKUBALA

# KUKAMATEYU.

ISAHLUKO I.

INNCWADI yokuvela kuka-Yesu Krestu,
unyana ka-Davide, unyana ka-Abra-
hame.
2 U-Abrahame wazala u-Yisake; no-
Yisake wazala u-Yakobi; no-Yakobi wa-
zala u-Juda nabazalwana bake; 3 waza u-
Juda wazala u-Faretse no-Zera ngo-Tama-
re; wati u-Faretse wazala u-Hetserone;
no-Hetserone wazala u-Rame; 4 no-Rame
wazala u-Haminadabi; no-Haminadabi
wazala u-Nahashone; no-Nahashone wa-
zala u-Salimone; 5 no-Salimone wazala u-
Bohazi ngo-Rakabi; waza u-Bohazi wazala
u-Obedi ngo-Rute; wati u-Obedi wazala
u-Jese; 6 no-Jese wazala u-Davide uku-
mkani.
Waza u-Davide ukumkani wazala u-
Solomone ngo*bengumfazi* ka-Huriya; 7 wati
u-Solomone wazala u-Rehobome; no-Reho-
bome wazala u-Abiya; no-Abiya wazala
u-Asa; 8 no-Asa wazala u-Yehoshafate;
no-Yehoshafate wazala u-Yorame; no-
Yorame wazala u-Huziya; 9 no-Huziya
wazala u-Yotame; no-Yotame wazala u-
Ahazi; no-Ahazi wazala u-Hezekiya; 10
no-Hezekiya wazala u-Manase; no-Manase
wazala u-Amoni; no-Amoni wazala u-
Josiya; 11 no-Josiya wazala u-Yekoniya
nabazalwana bake, ngexesha lokufuduse-
lwa e-Babilone.
12 Nasemveni kwokufuduselwa e-Babi-
lone, u-Yekoniya wazala u-Shalatiyeli;
no-Shalatiyeli wazala u-Zerubabeli; 13 no-
Zerubabeli wazala u-Abihude; no-Abihude
wazala u-Eliyakime; no-Eliyakime wa-
zala u-Hazore; 14 no-Hazore wazala u-
Tsadoki; no-Tsadoki wazala u-Akime;
no-Akime wazala u-Elihude; 15 no-Eli-
hude wazala u-Elezari; no-Elezari wazala
u-Matane; no-Matane wazala u-Yakobi;
16 no-Yakobi wazala u-Josefe indoda
ka-Mariya, okungaye wazalwa u-Yesu, o-
kutiwa ngu-Krestu.
17 Zonke izizukulwana ke ezivela ku-
Abrahame kude kube ku-Davide, zizizu-
kulwana ezilishumi linazine; naku-Davide
kude kube sekufuduselweni e-Babilone,
zizizukulwana ezilishumi linazine; na-
kuko ukufuduselwa e-Babilone kude kube
ku-Krestu, zizizukulwana ezilishumi lina-
zine.

18 KEKALOKU ukuzalwa kuka-Yesu
Krestu kwaye kungoku: ukuba unina
wake u-Mariya exanyelwe u-Josefe nje,
bengekahlangani, wafunyanwa emiti ngo-
moya oyingcwele. 19 Waza u-Josefe,
indoda yake, engolungileyo nje, kanti
engatandi ukumhlazisa ekuhleni, wafuna
ukumlahla ngasese. 20 Kodwa esacinga
ezizinto, bona ke, ingelosi YENKOSI yabona-
kala kuye epupeni, isiti: Josefe, nyana
ka-Davide! ungoyiki ukutabatela kuwe
u-Mariya umfazi wako; ngokuba oko
kukaulweyo pakati kwake kungomoya
oyingcwele. 21 Wozala unyana ke, wanya
kubiza igama lake ngo-YESU; ngokuba
yena eya kusindisa abantu bake ezonweni
zabo.
22 (Kekaloku oku konke kwenzekile,
ukuze kuzaliseke oko kwatetwayo YINKOSI
ngomprofite, isiti: 23 Bona ke, intombi
iya kumita, izale unyana, babeya kumbiza
ngegama elingu-Yimanuweli, oko kukuti
ngokukunyushwa, UTIXO enati.)
24 Wandula u-Josefe, akuba evukile
ebutongweni, wenza njengokuba ibimya-
lele ingelosi YENKOSI, watabatela kuye um-
fazi wake: 25 kanti wayengamazi kwada



University of Fort Hare

kwazalwa nguye unyana wake owamazi-
bulo; waza wabiza igama lake ngo-YESU.

2 KEKALOKU xeshekweni u-Yesu ebe-
zalelwe e-Beteleheme yase-Judeya, emi-
hleni ka-Herodi ukumkani, bona ke, izi-
lumko zivela empumalanga zafika e-Yeru-
saleme, 2 zisiti: Upina lowo uzelweyo
engukumkani wama-Juda? ngokuba sibe
sibona inkwenkwezi yake empumalanga,
sasize ukumbedesha.

3 Kekaloku u-Herodi ukumkani akuva
*oko*, waxaliswa, kwa nayo yonke i-Yeru-
saleme kunye naye. 4 Wati ke akuba
ebahlanganisile bonke abaperisite abakulu
nababàli babantu, wabuza kubo ukuba
uzalwa pina u-Krestu. 5 Baza bati kuye:
e-Beteleheme yase-Judeya; ngokuba ku-
bàliwe njalo ngomprofite, *ukuti:* 6 Nawe,
Beteleheme, lizwe lakwa-Juda! akunguye
omncinane kuzo zonke pakati kwenkosi
zakwa-Juda nakanye; ngokuba kuya ku-
puma umpati kuwe, oya kwalusa abantu
bami o-Sirayeli.

7 Wandula u-Herodi, akuba ezibizile
ngasese izilumko, wakolisa ukubuza kuzo
ixesha lokubonakala kwenkwenkwezi. 8
Waza wazituma e-Beteleheme, wati: Ha-
mbani niye nibuze kunene umntwana
lowo; niti nxa nimfumeneyo, nindishuma-
yeze, ukuba nami ndize ndimbedeshe. 9
Zati zimvile nje ukumkani, zemka; keka-
loku bona ke, inkwenkwezi, leyo zibe
ziyibonile empumalanga, yahamba pambili
kuzo, yada yeza yema pezu kwalapo
umntwana wayekona. 10 Zati zakubona
lonkwenkwezi, zavuya ngovuyo olukulu
kunene. 11 Zaza zangena endhlwini,
zambona umntwana eno-Mariya unina,
zawa pantsi zambedesha, zavula ityeya-
ndyebo zazo, zamnikela amabaso, igolide,
nenklakamhlope, nemore. 12 Zaza zati,
ziyaliwe NGUTIXO epupeni ukuba mazinga-
buyi ziye ku-Herodi, zemka ngennye
indhlela ukuya ezweni lakowazo.

13 Nxa zimkile zona, bona ke, ingelosi
YENKOSI yabonakala epupeni ku-Josefe,
isiti: Suka, utabate umntwana nonina,
usabele e-Jipete, uze ubeko kona ndide
ndikuxelele; ngokuba u-Herodi eza kufuna
umntwana ukuba ambubise. 14 Wesuka
ke, watabata umntwana nonina ebusuku,
wemka waya e-Jipete; 15 waye ebeko
kona kwada kwafa u-Herodi; ukuze kuza-
liseke oko kwatetwayo YINKOSI ngomprofite,
isiti: Ndambiza unyana wami apume e-
Jipete.

16 Wandula u-Herodi, akubona ukuba
ukohlisiwe zizilumko, wanomsindo kakulu,
watuma ke, wabulala bonke abantwana
abase-Beteleheme nakuyo yonke imida
yayo, ababudala buyiminyaka mibini na-
ngapantsi, njengexesha wayekolisile uku-
buza lona kuzo izilumko. 17 Kwandula
kwazaliseka oko kwatetwayo ngu-Jeremiya
umprofite, esiti: 18 Ilizwi lavakala e-
Rama, isikalo, nesililo, nesijwili esikulu,
u-Rakele elilela abantwana bake, engavumi
ukututuzelwa, ngokuba bengaseko.

19 Nxa abefile u-Herodi, bona ke, inge-
losi YENKOSI yabonakala epupeni ku-Josefe
e-Jipete, 20 isiti: Suka, utabate umntwana
nonina, uye ezweni lakwa-Sirayeli; ngo-
kuba befile abo babefuna ubomi bom-
ntwana. 21 Wesuka ke, watabata um-
ntwana nonina, weza ezweni lakwa-Sira-
yeli. 22 Kodwa akuva ukuba u-Arakelosi
ungukumkani e-Judeya esikundhleni sika-
Herodi uyise, woyika ukuhambela kona;
koko, eyaliwe NGUTIXO epupeni, wemkela
kwizahlulo zase-Galili, 23 weza wema
esixekweni esi-kutiwa yi-Nazarete, ukuze
kuzaliseke oko kwatetwayo ngabaprofite
ukuti: Uya kubizwa ngokuti ungum-
Nazarete.

3 KULEYO imihla kwavela u-Johane
umbapitizeshi, eshumayela enklango
yase-Judeya, 2 esiti nokuti: Guqukani;
ngokuba ubukumkani bezulu sebukufupi.
3 Ngokuba enguye lo kwatetwa ngaye
ngu-Yisaya umprofite, esiti: Ilizwi loda-
ndulukayo enklango: Lungisani indhlela
KAYEHOVA; yenzani imendo yake ilunge-
lelane. 4 Kekaloku lowo u-Johane waye-
nengubo yake *yenziwe* ngoboya benkamela,
enombinqo wolusu esinqeni sake; nokutya
kwake bekuzinkumbi nobusi basendhle.

5 Yandula yapumela kuye i-Yerusaleme,
nayo yonke i-Judeya, nalo lonke ilizwe
langase-Yoredane; 6 babapitizeshwa nguye
e-Yoredane apo, bevuma izono zabo.

7 Kodwa akubona abaninzi babafarisi
nabasadusi bezela ubapitizesho lwake, wati
kubo: Sizukulwanandini sennyoka! ngubani
nina onibonisileyo ukuba nibaleke umsindo
oza kuza? 8 Velisani ngoko izixakato
eziyelelana noguquko; 9 nize ningabi niti
ngokwenu: Sinaye u-Abrahame engubawo;
ngokuba ndisiti kuni: UTIXO angavusela



University of Fort Hare

u-Abrahame usapo kulamatye. 10 Kanja-
ko izembe lise libekwe ngasezingeanjeni
zemiti: iti ngoko yonke imiti engavelisi
izixakato ezilungileyo igaulwe, iposwe
emlilweni. 11 Mina okunene ndiyaniba-
pitizesha ngamanzi lube luguquko; kodwa
lowo uzayo emva kwami unamandhla ama-
kulu kwawami, endingafanelekile uku-
twala izihlangu zake; yena wonibapitize-
sha ngomoya oyingcwele nangomlilo: 12
omnyazi wokwela usesandhleni sake, wa-
eya kucokisa isibaya sake, ati innqolowa
yake ayihlanganisele esiseleni, kodwa
umququ wowutshisa ngomlilo ongacime-
kiyo.

13 Wandula u-Yesu wavela e-Galili
weza e-Yoredane ku-Johane, ukuba abapi-
tizeshwe nguye. 14 Kuloko u-Johane
wabemalela, esiti: Mina ndifanele ukuba-
pitizeshwa nguwe nje, uza wena kumi na?
15 Kodwa wapendula u-Yesu wati kuye:
Kauvume kube kaloku nje; ngokuba ngo-
kunjalo kufanelekile kuti ukuzalisekisa
bonke ubulungìsa. Wandula ukumvumela.
16 Waza wati u-Yesu, akuba ebapitize-
shiwe, waselenyuka emanzini; kekaloku
bona ke, izulu lavulekela kuye, waza wa-
bona umoya KATIXO esihla njengehobe,
esiza pezu kwake. 17 Kanjalo bona ke,
ilizwi lavela ezulwini, lisiti: Lo ungu-
nyana wami otandiweyo, endikolisiweyo
kakuhle nguye.

4 WANDULA u-Yesu wakatshelwa en-
klango NGUMOYA, ukuba alingwe ngu-
Satane. 2 Wati akuba ezilile ukutya
imini ezimashumi mane, nobusuku obu-
mashumi mane, wada walamba. 3 Waza
umlingi ezile kuye wati: Ukuba ungu-
nyana KATIXO, xela ukuba enziwe izonka
amatye la. 4 Kodwa wapendula wati:
Kubàliwe *ngokuti:* Akungaso isonka sodwa
aya kupila umntu, koko kungawo onke
amazwi apumayo emlonyeni KATIXO.
5 Wandula u-Satane wamtabatela esixe-
kweni esingcwele, wammisa pezu kwepiko
letempile, 6 wati kuye: Ukuba ungunyana
KATIXO, ziwise pantsi; ngokuba kubàliwe
ukuti: Uya kuyalela ingelosi zake ngawe,
eziya kukufunqula ngezandhla, hleze ukù-
bekise unyawo lwako ngasetyeni. 7 Wati
u-Yesu kuye: Kubàliwe kanjako *ngokuti:*
Akuyi kumlinga UYEHOVA, UTIXO wako.
8 Wati kanjako u-Satane wamtabatela
entabeni ende kakulu, wambonisa bonke
ubukumkani belizwe nobungcwalisa babo,
9 wati kuye: Ezizinto zonke ndozinika
kuwe, ukuba uya kuwa pantsi undibede-
she. 10 Wandula u-Yesu wati kuye:
Suka, Satane! ngokuba kubàliwe *ngo-
kuti:* UYEHOVA, UTIXO wako, uya kumbe-
desha, umkonze yena yedwa.
11 Wandula u-Satane wamshiya: zaza,
bona ke, zafika ingelosi zamkonza.

12 KEKALOKU akuva u-Yesu ukuba
u-Johane unikelwe *entolongweni*, wemka
waya e-Galili. 13 Waza wati, eshiyile
i-Nazarete, weza wema e-Kapenayume
engaselwandhle, emideni yakwa-Zebulone
neyakwa-Nefatali; 14 ukuze kuzaliseke
oko kwatetwayo ngu-Yisaya umprofite,
esiti: 15 Ilizwe lakwa-Zebulone nelizwe
lakwa-Nefatali, elendhlela yaselwandhle,
pesheya kwe-Yoredane, i-Galili yabaheyi-
deni, 16 abantu ababehleli ebumnyameni,
babonile ukukanya okukulu, nabo babe-
hleli ezweni nasetunzini lokufa, ukukanya
kubapumele. 17 Kwa oko waqala u-Yesu
ukushumayela nokuti: Guqukani; ngo-
kuba ubukumkani bezulu sebukufupi.
18 Waza u-Yesu, ehamba ngaselwandhle
lwase-Galili, wabona abazalwana aba-
bini, u-Simone o-kutiwa ngu-Petrosi, no-
Andreya umninawe wake, beposa utambo
elwandhle: ngokuba bebengabalobi ben-
klanzi. 19 Wayesiti kubo: Yizani emva
kwami, ndandiya kunenza abalobi baba-
ntu. 20 Basuka bazishiya intambo, bam-
landela. 21 Kanjalo egqitile apo, wabona
abanye abazalwana ababini, u-Yakobi
*unyana* ka-Zebedi, no-Johane umninawe
wake, besennqanaweni no-Zebedi uyise
wabo, belungisa intambo zabo; waza wa-
babiza. 22 Basuka bashiya innqanawa
noyise wabo, bamlandela.
23 Waza u-Yesu wajikajikela yonke
i-Galili, efundisa ezindhlwini zenklanga-
niso zabo, eshumayela ivangeli yobuku-
mkani, epilisa zonke izifo nazo zonke
izikuhlane pakati kwabantu. 24 Lwaza
udumo lwake lwapumela kuye yonke i-
Siriya; bada bazisa kuye bonke abafayo,
ababanjwa zizifo nezibulawa ezininzi, na-
bangenelwa zidemoni, nabanesatutwane,
nabanesifo sokushwabanisa; wabapilisa ke.
25 Zaza izihlwele ezininzi zamlandela,
zivela e-Galili, nase-Dekapolisi, nase-
Yerusaleme, nase-Judeya, napesheya kwe-
Yoredane.



University of Fort Hare

5 KEKALOKU akuzibona izihlwele, we-
nyukela entabeni; kwati akuba ehleli
pantsi, beza kuye abadisipile bake. 2
Waza wavula umlomo wake, wabafundisa,
esiti :

3 Banetamsanqa ababuhlwempu ngom-
moya ; ngokuba bubobabo ubukumkani be-
zulu. 4 Banetamsanqa abalusizi ; ngokuba
bona beya kututuzelwa. 5 Banetamsanqa
abalulamileyo ; ngokuba umhlaba uya
kuba lilifa labo. 6 Banetamsanqa aba-
nokulambela nokunxanelwa ubulungisa ;
ngokuba bona beya kuhlutiswa. 7 Bane-
tamsanqa abanofefe ; ngokuba bona beya
kupatwa ngofefe. 8 Banetamsanqa aba-
cocekileyo ngenkliziyo ; ngokuba bona
beya kubona UTIXO. 9 Banetamsanqa aba-
ngabaxolelanisi ; ngokuba bona beya ku-
bizwa ngokuba lusapo LUKATIXO. 10 Ba-
netamsanqa abatshutshisiweyo ngennxa
yobulungisa ; ngokuba bubobabo ubuku-
mkani bezulu. 11 Ninetamsanqa, nxa
*abantu* baya kunituka, banitshutshise, ba-
tete into zonke ezikohlakeleyo ngakuni
ngokuxoka, ngennxa yami : 12 vuyani ni-
gcobe, ngokuba umvuzo wenu umkulu
ezulwini ; ngokuba benje njalo ukubatshu-
tshisa abaprofite ababepambili kuni.

13 Nina niyityuwa yomhlaba ; kodwa
xeshekweni ityuwa ingabi nasongo, iya
kuvakaliswa nganina ? ayisafanelekele 'nto,
kupela ukuba ilahlelwe pandhle, inyate-
lwe ngabantu. 14 Nina nilukanyiso lwe-
lizwe ; isixeko esimiyo pezu kwentaba
asingefihleke. 15 Kanjako *abantu* abasi-
baneki isibane, basibeke pantsi kwento yo-
kulinganisa, koko *basibeka* pezu kwekande-
lare, size sikanyele bonke abasendhlwini.
16 Kwa njalo makukanye ukukanya kwe-
nu pambi kwabantu, ukuze babone imise-
benzi yenu elungileyo, badumise UYIHLO
osezulwini.

17 Ningabi ndeza ukutshabalalisa um-
teto, umhlaumbi abaprofite ; andizanga
ukutshabalalisa, koko *ndize* ukuzalisekisa.
18 Ngokuba ngokwennene ndisiti kuni :
Kude kudhlule izulu nomhlaba, alisayi
kuza lidhlule nalinye iganyana umhla-
umbi namnye umgcanyana emtetweni,
kungekenzekanga konke. 19 Ngako osu-
kuba ewutshitshisa omnye walemiyalelo
noko umncinane kuyo yonke, afundise
abantu ngokunjalo, uya kubizwa ngokuba
ngomncinane kubo bonke ebukumkanini
bezulu ; kodwa osukuba e*y*enza, e*yi*fundisa
noku*yi*fundisa, lowo uya kubizwa ngokuba
ngomkulu ebukumkanini bezulu. 20 Ngo-
kuba ndisiti kuni : Xeshekweni ubulu-
ngisa benu bungagqitisanga kwobababàli
nabafarisi, anisayi kuza ningene ebuku-
mkanini bezulu.

21 Nivile ukuba kwatiwa kubo abaku-
dala : Akuyi kubulala ; woti osukuba ebu-
lala amelwe ngamatyalà amancinane. 22
Mina kanti nditi kuni : Osukuba equmbela
umzalwana wake kungeko 'nto, uya ku-
melwa ngamatyala amancinane ; nosukuba
esiti kumzalwana wake : Geza ! uya ku-
melwa ngamatyala amakulu ; kodwa osu-
kuba esiti : Nkewundini ! uya kumelwa
*kukuposwa* esihogweni somlilo. 23 Ngako
xeshekweni uwuzisa umnikelo wako esi-
bingelweni, uti ulapo ukumbule ukuba
umzalwana wako unendawo ngakuwe ; 24
wushiye apo umnikelo wako pambi kwesi-
bingelo, uhambe ke, uti kuqala uxolelane
nomzalwana wako, wandule uze unikele
umnikelo wako. 25 Nxama ukuvumelana
nalowo ukumangeleleyo, nxa usenaye
endhleleni ; hleze omangeleyo akunikele
emgwebini, ati umgwebi akunikele emsi-
leni, uze uposwe entolongweni. 26 Ngo-
kwennene nditi kuwe : Akusayi kuza
upume kona, ungekahlauli imalana yoku-
gqibela.

27 Nivile ukuba kwatiwa kubo abaku-
dala : Akuyi kurexeza. 28 Mina kanti
nditi kuni : Osukuba ekangela umfazi ngo-
kunga angamkanuka, usele wenzile ure-
xezo naye ngenkliziyo yake. 29 Ukuba
ngoko iliso lako lokunene liyakuxakanisa,
lincotule, ulilahle kuwe ; ngokuba kulu-
ngele wena ukuba kubube libe linye ema-
lungwini ako, kuze kungaposwa wonke
umzimba wako esihogweni *somlilo*. 30 Ka-
njalo ukuba isandhla sako sokunene siya-
kuxakanisa, sinqumle, usilahle kuwe ;
ngokuba kulungele wena ukuba kubube
libe linye emalungwini ako, kuze kunga-
poswa wonke umzimba wako esihogweni
*somlilo*.

31 Kwatwa ke : Osukuba elahla umfazi
wake, makamnike isibàlo sokwahlukanisa.
32 Mina kanti nditi kuni : Osukuba elahla
umfazi wake, enga*mlahli* ngennxa yombulo
kupela, uyamrexezisa ; nosukuba ezeka
*umfazi* olahliweyo, uyarexeza *naye*.

33 Kanjako nivile ukuba kwatiwa kubo
abakudala : Akuyi kwapula ukufunga
kwako ; uya kufezela UYEHOVA izifungo



University of Fort Hare

zako. 34 Mina kanti nditi kuni: Ningake
nifunge; ninga*lifungi* izulu, ngokuba li-
yiterone KATIXO; 35 nomhlaba, ngokuba
usisitulo sennyawo zake; ne-Yerusaleme,
ngokuba isisixeko sokumkani omkulu. 36
Kanjalo inkloko yako akuyi kuyifunga,
ngokuba ungenamandhla okwenza nalunye
unwele lube mhlope, umhlaumbi lube
mnyama. 37 Maliti kodwa ilizwi lenu
libe lelokuti, ewe, ewe; hai, hai; ngokuba
oko kugqitileyo koku kuvela kokukohlake-
leyo.

38 Nivile ukuba kwatiwa: Iliso ngen-
nxa yeliso, nezinyo ngennxa yezinyo. 39
Mina kanti nditi kuni: Musani ukumelana
nokohlakeleyo; kodwa osukuba ekutywa-
kaza esidhleleni sako sokunene, mnikele
esinye naso. 40 Kanjalo osukuba efuna
ukukumema, nokuhluta isivato sako sapa-
ntsi, myekele nengubo. 41 Nosukuba
ekunyanzela uye imeyile ibe 'nnye, hamba
naye zibe 'mbini. 42 Yipa lowo ucelayo
kuwe; nalowo ofuna ukuboleka kuwe,
ungapambuki kuye.

43 Nivile ukuba kwatiwa: Uya kutanda
umhlobo wako, utiye utshaba lwako. 44
Mina kanti nditi kuni: Tandani intshaba
zenu, tamsanqelisani abo baniqalekisayo,
benzeleni okulungileyo abo banitiyayo, ni-
tandazele abo banipata kakubi nabanitshu-
tshisayo; 45 ukuze nibe lusapo LWOYIHLO
osezulwini; ngokuba ilanga lake elipumisa
pezu kwabakohlakeleyo nabalungileyo,
nemvula eyinisa pezu kwabalungisayo na-
bangalungisiyo. 46 Ngokuba, xeshekweni
nitanda abo banitandayo nina, niba nom-
vuzo omnina? abenzi into ekwa yiyo na
nababuti beminikelo? 47 Naxeshekweni
nibulisa abazalwana benu bodwa, niyenza
'nto nina egqitiseleyo? abenje njalo na
nababuti beminikelo? 48 Ize nina ngoko
nibe nifezekile, njengokuba UYIHLO osezu-
lwini efezekile.

6 LUMKANI ukuba ningenzi amalizo enu
ebusweni babantu, ngokunga ningabo-
nelwa ngabo; okanye, aninawo umvuzo
KUYIHLO osezulwini. 2 Ngako nxa uwenza
amalizo, ungahlokomisi ixilongo pambi
kwako, njengokuba abahanahanisi besenza
ezindhlwini zenklanganiso nasezindhle-
leni, ukuze badunyiswe ngabantu. Ngo-
kwennene nditi kuni: Sebewamkele um-
vuzo wabo. 3 Kodwa wena wakuwenza
amalizo, masingazi *isandhla* sako sokohlo
into eyenziwayo sesokunene sako; 4 ukuze
amalizo ako abe semfihlekweni; NOYIHLO
obonayo emfihlekweni, kwa yena wokuvuza
ekuhleni.

5 Kanjalo nxa utandazayo, akuyi kuba
njengabahanahanisi; ngokuba betanda uku-
tandaza bemi ezindhlwini zenklanganiso
nasekujikeni kwezitarate, ukuze babona-
kale ebantwini. Ngokwennene nditi kuni:
Sebewamkele umvuzo wabo. 6 Kodwa
wena, nxa utandazayo, ngena enkambilini
yako, uti wakuba uvalile ucango lwako,
utandaze KUYIHLO osemfihlekweni; NOYI-
HLO obonayo emfihlekweni, uya kukuvuza
ekuhleni.

7 Kodwa nakutandaza, ningenzi imi-
lembelele engendawo, njengabaheyideni;
ngokuba beba baya kuviwa ngokuteta
kwabo okuninzi. 8 Ize ningafani nabo
ke; ngokuba UYIHLO ezazi into eniziswe-
leyo, ningekaceli kuye.

9 Ngako tandazani nina ngokunje, *niti*:
Bawo wetu osezulwini! Malipatwe ngo-
bungcwele igama lako. 10 Ubukumkani
bako mabufike. Intando yako mayenziwe
emhlabeni, njengokuba *isenziwa* ezulwini.
11 Sipe namhla nje ukutya kwetu kwemi-
hla ngemihla. 12 Usixolele izono zetu,
njengokuba nati sixolela abo basonayo
tina. 13 Ungasingenisi ekulingweni, zu-
sisindise enkohlakalweni. Ngokuba bubo-
bako ubukumkani, namandhla, nobungcwa-
lisa, kude kube ngunapakade. Amene.
14 Ngokuba xeshekweni nibaxolela aba-
ntu iziposo zabo, UYIHLO wasezulwini
wonixolela nani: 15 kodwa xeshekwe-
ni ningabaxoleli abantu iziposo zabo,
kanjalo UYIHLO akayi ku*ni*xolela iziposo
zenu.

16 Kanjako nxa nizilayo ukutya, ningabi
njengabahanahanisi nisiti kunubembe;
ngokuba bebenza bubi ubuso babo, ukuze
babonakale ebantwini bezila. Ngokwen-
nene nditi kuni: Sebewamkele umvuzo
wabo. 17 Wena kodwa, wakuzila ukutya,
tambisa inkloko yako, nobuso bako buhla-
mbe; 18 ukuze ungabonakali ebantwini
uzila, kodwa *ubonakale* KUYIHLO osemfihle-
kweni; NOYIHLO obonayo emfihlekweni,
uya kukuvuza ekuhleni.

19 Ningazibekeli indyebo emhlabeni,
apo kugugisayo inundu nomhlwa, na-
lapo amasela agqoboza ebè kona: 20 kodwa
zibekeleni indyebo ezulwini, apo kunga-
gugisi nenundu nomhlwa, nalapo ama-



University of Fort Hare

sela angagqobozi angebà kona: 21 ngokuba
apo ikona indyebo yenu, yoba kwa kona
nenkliziyo yenu.
22 Isibane somzimba sililiso: ngako
xeshekweni iliso lako lingenanto, wonke
umzimba wako woba nokukanya: 23
kodwa xeshekweni iliso lako lenzakele,
wonke umzimba wako woba mnyama.
Ukuba ngoko ukukanya okupakati kwako
kububumnyama, ubumnyama obo bukulu
kangakananina!
24 Akuko 'mntu ongakonzayo inkosi
ezimbini: ngokuba eya kutiya ennye,
atande ennye; okanye, uya kubambelela
kwennye, adele ennye. Aningekonze
UTIXO nobutyebi *kunye*.
25 Ngako oku nditi kuni: Musani ku-
tukutezelela ubomi benu, ukuba notya 'nto
nina, nokuba nosela 'nto nina; ninga*tuku-
tezel*eli nomzimba wenu, ukuba niya kwa-
mbata 'nto nina: ubomi abukulu na kuko
ukutya? nomzimba *awumkulu* na kuzo izi-
vato? 26 Kangelani intaka zezulu, oko-
kuba azihlwayeli, azivuni, azibuteli ezise-
leni, kanti UYIHLO wasezulwini uyazondhla
*noko:* kekaloku nina anigqitisele zona ka-
kulu na? 27 Nguwupina ke kuni ongati
ngokutukutezela ongezelele ebudeni bake
ikubite ibe 'nnye? 28 Kanjalo yinina
ukuba nitukutuzelele izivato? Gqalani
innyibiba zasendhle, ukuba ziti nina uku-
hluma; azisebenzi, azisonti kanjako: 29
kanti nditi kuni, kwa u-Solomone kubo
bonke ubungcwalisa bake akavatiswanga
njengennye yezi. 30 Ukuba ke innca ya-
sendhle, eti namhla ibeko, iti ngomso ipo-
swe eziko, UTIXO uyenje njalo ukuyamba-
tisa, akayi *kunambatisa* nina kakulu ngaku-
mbi na, nina 'balukolo luncinane? 31 Nga-
ko ningabi nakutukutezela, nisiti: Sotya
'nto nina? umhlaumbi: Sosela 'nto nina?
umhlaumbi: Sovata 'nto nina? 32 (ngo-
kuba zonke ezizinto abaheyideni bezifuna:)
ngokuba esazi UYIHLO wasezulwini ukuba
niziswele ezizinto zonke. 33 Kodwa fu-
nani kuqala ubukumkani BUKATIXO, nobu-
lungisa bake, zaziya kuti zonke ezizinto
zongezelelwe kuni. 34 Ngako ningatuku-
tezeleli immini yangomso; ngokuba im-
mini yangomso iya kutukutezelela okwayo.
Kwanele immini yanamhla eyayo inka-
tazo.

7 NINGABEKI 'tyala, ukuze ningabeke-
lwa 'tyala *nani:* 2 ngokuba ukubekwa
kwetyala enibeka ngako, niya kubekelwa
kona; nokulinganisa enilinganisa ngako,
kwobuya kulinganiselwe nina. 3 Kuyi-
nina ukuba ukangela icetyana elisesweni
lomzalwana wako, kodwa umqadi osesweni
lako akuwunakani? 4 Woti nina nokuti
kumzalwana wako: Vuma ndilikupe ice-
tyana esweni lako; kanti nangu umqadi
kwelako iliso? 5 Sihanahanisindini! wu-
kupe kuqala umqadi esweni lako, wauya
kwandula ukolise ukubona ukulikupa ice-
tyana esweni lomzalwana wako.
6 Ninganiki okungcwele ezinjeni; ka-
njako ningaposi iperule zenu pambi kwe-
hangu, hleze zizinyatele ngamanqina azo,
zijike ziniqwenge.
7 Celani, naniya kupiwa; funani, na-
niya kufumana; qongqotani, naniya kuvu-
lelwa. 8 Ngokuba bonke abacelayo besa-
mkela, nofunayo uyafumana, noqongqotayo
uya kuvulelwa. 9 Nguwupina ke kuni
engumntu oya kuti, ukuba unyana wake
uyacela isonka, amnikele ilitye? 10 ati,
ukuba uyacela inklanzi, amnikele innyoka?
11 Ngako ukuba nina, nikohlakele nje, ni-
yazi ukupa abantwana benu izipo ezilungi-
leyo, kwoba kangakananina ngakumbi aya
kuti UYIHLO osezulwini ape abo bacelayo
kuye into ezilungileyo?
12 Ngako zonke izinto enitanda ukuba
abantu bazenze kuni, yenzani nani ngoku-
njalo kubo; ngokuba oku kungumteto na-
baprofite.
13 Ngenani ngesango elixineneyo; ngo-
kuba libanzi isango, inkulu nendhlela esi-
nga entshabalalweni, bebaninzi nabo aba-
ngenayo ngalo: 14 ngokuba lixinene isa-
ngo, icutekile nendhlela esinga ebomini,
bebancinane nabo abayifumanayo.
15 Lumkelani ke abaprofite ababuxoki,
abezayo kuni ngezivato zegusha, kanti
ngapakati bazinncuka ezixwilayo. 16 Niya
kubazi ngezixakato zabo. Kuka kukiwe
idreyive emitolweni na? umhlaumbi ama-
kiwane ezipingweni na? 17 Kwa njalo
yonke imiti elungileyo iyahlanza izixakato
ezilungileyo; kodwa umti obolileyo uya-
hlanza izixakato ezikohlakeleyo. 18 Umti
olungileyo awungehlanze izixakato eziko-
hlakeleyo; kanjalo umti obolileyo awu-
ngehlanze izixakato ezilungileyo. 19 Yo-
nke imiti engahlanziyo izixakato ezilungi-
leyo iyagaulwa, iposwe emlilweni. 20
Ngoko ke niya kubazi ngezixakato
zabo.



University of Fort Hare

21 Asi ngabo bonke abati kumi: Nkosi,
Nkosi! abaya kungena ebukumkanini be-
zulu; koko ngowenzayo intando KABAWO
osezulwini. 22 Baninzi abaya kuti kumi
ngalommini: Nkosi, Nkosi! asati na nge-
gama lako saprofitesha, nangegama lako
sazikupa idemoni, nangegama lako senza
izenzo zamandhla ezininzi? 23 ndandiya
kwandula ndixele kubo ukuti: Andizanga
ndinazi; mukani kumi, nina bakwenzayo
okungalungileyo!

24 Ngako lowo usukuba eweva lamazwi
ami, awenze, ndomfanekisa nomntu olu-
mkileyo, owakayo indhlu yake elulwa-
lweni: 25 yaza yehla imvula, yeza nemi-
singa, yaquta nemimoya, yayiwela leyo-
ndhlu; ayawa noko; ngokuba ibisekelwe
elulwalweni. 26 Kanjalo osukuba eweva
lamazwi ami, angawenzi, wofanekiswa
nomntu osidenge, owakayo indhlu yake
enklabatini: 27 yaza yehla imvula, yeza
nemisinga, yaquta nemimoya, yabeta ku-
leyondhlu; yawa ke; sati isiwo sayo sasi-
kulu.

28 Kwaye kute, okuya abezigqibile u-
Yesu iziteto ezi, izihlwele zibe zimanga-
liswa pezu kwokufundisa kwake; 29 ngo-
kuba ebezifundisa njengonegunya, beku-
ngenjengababàli.

8 KEKALOKU akuhla entabeni, zamla-
ndela izihlwele ezininzi.

2 Kwaza kwati, bona ke, ileperi leza
lambedesha, lisiti: Nkosi! ukuba uyatanda,
ungandihlambulula. 3 Waza u-Yesu wa-
solula isandhla, walicukumisa, esiti: Ndi-
yatanda; hlambuluka. Sasesihlanjululwa
kwa oko isilepero salo. 4 Wayesiti u-Yesu
kulo: Lumka ungaxeleli 'mntu; kodwa
hamba, zibonakalise kumperisite, unikele
umnikelo wabeyalela wona u-Mosesi, ube
sisinqìno kubo.

5 Kekaloku akuba u-Yesu engene e-
Kapenayume, kweza kuye inkosikulu imbo-
ngoza, 6 isiti nokuti: Nkosi! isicaka sami
silele ngendhlu sinesifo sokushwabanisa,
sibulawa kakulu. 7 Wayesiti u-Yesu
kuyo: Ndiya kuza ndisipilise. 8 Yaza
yapendula inkosikulu yati: Nkosi! andifa-
nelekile ukuba ungene ngapantsi kwentu-
ngo *yendhlu* yami; teta libe lilizwi kodwa,
sasiya kuti isicaka sami sipiliswe. 9 Ngo-
kuba nami ndingumntu pantsi kwegunya
*labanye*, ndinamasodati pantsi kwami; nditi
ke kwelinye: Yiya! liye ke; nakwelinye:
Yiza! lize ke; nakwisicaka sami: Yenza
oku! senze ke. 10 Waza u-Yesu akuva
*oku* wati nqa, wati kwabalandelayo: Ngo-
kwennene nditi kuni, andifumananga 'lu-
kolo olungaka nakwa-Sirayeli. 11 Kanjalo
nditi kuni: Baninzi abaya kuza bevela
empumalanga nasentshonalanga, bahlalo
pantsi ndawonye no-Abrahame, no-Yisake,
no-Yakobi, ebukumkanini bezulu: 12 ko-
dwa usapo lwobukumkani luya kulahlelwa
ebumnyameni bangapandhle; apo kwobako
ukulila nokuqaqažela kwamazinyo. 13
Waza wati u-Yesu kwinkosikulu: Hamba,
makube njalo kuwe njengokukolwa kwako.
Sati isicaka sayo sapiliswa kwa ngeloxe-
shana.

14 Kekaloku xeshekweni u-Yesu ebe-
ngene endhlwini ka-Petrosi, wabona um-
kwekazi wake elele, esifa licesine. 15
Waza wacukumisa isandhla sake, lamyeka
icesine: wesuka ke, wabakonza.

16 Kwati kwakuhlwa, kwaziswa kuye
abangenelwa zidemoni abaninzi; waza
wabakupa omoya ngelizwi, nabo bonke
ababesifa wabapilisa: 17 ukuze kuzaliseke
oko kwatetwayo ngu-Yisaya umprofite,
esiti: Yena izilwelwe zetu wazitabata, ne-
zifo *zetu* wazitwala.

18 Kekaloku akubona u-Yesu izihlwele
ezininzi zimpahla, waxela ukuba kumkiwe
kuyiwe ecaleni elingapesheya.

19 Waza umbàli otile weza wati kuye:
Mfundisi! ndokulandela, apo usukuba u-
hambela kona. 20 Wayesiti u-Yesu kuye:
Impungutye zineminxuma, nentaka zezulu
zinendawo zokuhlala; kanti unyana we-
sintu akanandawo apo angalalisa kona
inkloko.

21 Kanjalo omnye wabadisipile bake
wati kuye: Nkosi! ndivumele nditi tanci
ndihambe ndiye kunewaba ubawo. 22
Kodwa u-Yesu wati kuye: Ndilandele, uze
uyekele abafileyo ukunewaba abafileyo ba-
kowabo.

23 Kwati akungena ennqanaweni, bam-
landela abadisipile bake. 24 Kekaloku
bona ke, uqwitela olukulu lwesuka elwa-
ndhle, yada innqanawa yafun' ukuselelwa
ngamaza; kodwa yena ebelele. 25 Baza aba-
disipile bake beza bamvusa, besiti: Nkosi,
sisindise, siyabuba! 26 Wayesiti kubo:
Yinina ukuba ninobugwala, nina 'balukolo
luncinane? Wandula wavuka wakalimela
imimoya nolwandhle, kwaza kwabako uku-
zola okukulu. 27 Bati nqa ke abantu abo,



University of Fort Hare

besiti: Ngumntu ote nina lo, lento aviwa nayimimoya nalulwandhle!

28 Kwati akufika ecaleni elingapesheya, ezweni lama-Giregashe, kwamkaulela abangenelwa zidemoni ababini bepuma emanewabeni, benoburalarume kunene, kwada akwabiko 'mntu ongadhlulayo ngaleyo indhlela. 29 Kekaloku bona ke, badanduluka, besiti: Siyinto nina kuwe, Yesu, Nyana KATIXO? uze apa ukuza kusimbela ixesha lingekabiko na? 30 Kwabekuko ukude nabo umhlambi wehangu ezinninzi usidhla. 31 Zaza idemoni zambongoza, zisiti: Ukuba uyasikupa, sivumele siye singene emhlambini wehangu. 32 Wayesiti kuzo: Hambani. Zapuma ke, zaya zangena emhlambini wehangu; kekaloku bona ke, wonke umhlambi wehangu wagalelekela ngeliwa apo elwandhle, zabubela emanzini. 33 Baza abo babesalusa babaleka, baya esixekweni, bashumayela konke, nendawo zabangenelwa zidemoni. 34 Sati, bona ke, sonke isixeko sapuma ukuya kumhlangabeza u-Yesu: bati bakumbona, babongoza ukuba makesuke emideni yabo.

9 Waza wangena ennqanaweni, wawela, weza kwesake isixeko.

2 Kekaloku bona ke, bazisa kuye *umntu* onesifo sokushwabanisa elele elukùkweni: waza u-Yesu wabona ukolo lwabo, wati konesifo sokushwabanisa: Yomèlela, nyanandini! uxolelwe izono zako. 3 Kekaloku bona ke, ababàli abatile bati ngapakati kwabo: Lo uyagxeka *u-Tixo.* 4 Waza u-Yesu wabona izicingo zabo, wati: Yinina ukuba nizicinge izinto ezikohlakeleyo ezinkliziyweni zenu? 5 ngokuba okona kulula kukupina; ukuti: Uxolelwe izono *zako;* ukuti: Suka, uhambe; kusinina? 6 kodwa ukuze nazi ukuba unyana wesintu unegunya emhlabeni ukuxolela izono, (wandula wati konesifo sokushwabanisa:) Suka, upate ukùko lwako, uye endhlwini yako. 7 Wesuka ke, wemka waya endhlwini yake. 8 Zati izihlwele zakubona *oku* zati nqa, zamdumisa UTIXO, obenike igunya elingakanana ebantwini.

9 WAZA u-Yesu edhlula apo wabona umntu ehleli endaweni yokwamkela iminikelo, o-kutiwa ngu-Mateyu, wati kuye: Ndilandele. Wesuka ke, wamlandela. 10 Kwaza kwati, nxa abehleli ekutyeni endhlwini, kekaloku bona ke, into enninzi yababuti beminikelo naboni beza bahlala ekutyeni ndawonye no-Yesu nabadisipile bake. 11 Baza abafarisi, bakubona *oku*, bati kubadisipile bake: Kunganina ukuba atye umfundisi wenu kunye nababuti beminikelo naboni? 12 Koko u-Yesu, evile nje, wati kubo: Abomeleleyo abasweli 'gqira; ngabafayo *abalisweleyo.* 13 Kodwa hambani nifunde ukuba kuti nina,—Ndiyafuna ububele, andi*funi* umbingo; ngokuba ndingezanga ukubiza abalungileyo, koko *ndize ukubiza* aboni baguquke.

14 Kwandula kweza kuye abadisipile baka-Johane, besiti: Kunganina ukuba kufuti tina nabafarisi sizila ukutya, kanti abadisipile bako abakuzili? 15 Waza wati u-Yesu kubo: Usapo lwenkambili yomtshakazi lungaba lusizi na, nxa asenalo umyeni? kodwa iya kuza imihla okuya umyeni aya kususwa kulo, lwaluya kuzila ukutya oko ke. 16 Akuko 'mntu ubeka isiziba sencawa engatutyulwanga engutyeni endala; ngokuba into efakiweyo irazula kwingubo, siti isiroba senzwe sibi ngakumbi. 17 Kanjalo akutiwa iveyine entsha ezintsubeni ezindala; okanye, ziyagqoboka intsuba, ize ipalale iveyine, zitshabalale nentsuba: koko kutiwa iveyine entsha ezintsubeni ezikwa zintsha, zandul' ukugcinwa zombini.

18 Esateta ezizinto kubo, bona ke, kwafika umpati *otile* wambedesha, esiti: Intombi yami isand' ukufa ngoku; kodwa yiza ubeke isandhla sako pezu kwayo, yaiva kupila. 19 Wesuka u-Yesu wamlandela, kwa nabadisipile bake.

20 Kekaloku bona ke, umfazi obenetombo legazi iminyaka yalishumi linamibini, weza ngasemva, wacukumisa umqukumbelo wengubo yake: 21 ngokuba ebesiti ngapakati kwake: Ukuba ndiyacukumisa ingubo yake kodwa, ndiya kupiliswa. 22 Wajika ke u-Yesu, wambona, wati: Yomelela, ntombi! ukolo lwako lukupilisile. Waza wapiliswa umfazi lowo kwa ngeloxeshana.

23 Waza wangena u-Yesu endhlwini yompati, wabona abagwali nomhlambi ungxola, 24 wati kubo: Kwelelani; ngokuba intombazana ingafile, ilele 'butongo. Basuka bamhleka. 25 Kuloko wati, wakukutshelwa pandhle umhlambi, wangena, wabamba isandhla sayo, yavuka ke intombazana. 26 Lwaza udumo lwalento lwapumela kulo lonke elolizwe.

27 Kekaloku akuba ebedhlula apo u-Yesu, kwamlandela imfama ezimbini, zida-



University of Fort Hare

nduluka, zisiti nokuti: Yiba netaru kuti,
Nyana ka-Davide! 28 Kwati akungena
endhlwini, zeza kuye imfama ezo; waza
wati kuzo u-Yesu: Niyakolwa na ukuba
ndinamandhla okwenza oku? Zati kuye:
Ewe, Nkosi! 29 Wandula wacukumisa
amehlo azo, esiti: Makube njalo kuni nje-
ngokolo lwenu. 30 Avulwa ke amehlo
azo. Waza u-Yesu waziyala kakulu, esiti:
Lumkani kungaziwa 'mntu. 31 Kodwa za-
puma zavakalisa udumo lwake kulo lonke
elozwe.

32 Kekaloku uxa zibe zipuma, bona ke,
kwaziswa kuye umntu osisidenge ongene-
lwe yidemoni. 33 Kwati kwakukutshwa
idemoni, sateta isidenge; zaza zati nqa
izihlwele, zisiti: Akuzanga kubonwe ngo-
kunjalo kwa-Sirayeli. 34 Kodwa abafarisi
bati: Uyazikupa idemoni ngayo inkosi ye-
demoni.

35 WAZA u-Yesu wajikajikela izixeko
zonke nemizi, efundisa ezindhlwini zenkla-
nganiso zabo, eshumayela ivangeli yobu-
kumkani, epilisa zonke izifo nazo zonke
izikuhlane ebantwini. 36 Wati akubona
izihlwele, wabetwa lusizi ngazo, ngokuba
zibe zicubukile zilahliwe njengezimvu ezi-
ngenamalusi. 37 Wandul' ukuti kubadi-
sipile bake: Isivuno okunene sininzi, ko-
dwa abasebenzi bancinane; 38 tandazani
ngoko KWINKOSI yesivuno, ize ikupele esi-
vunweni sayo abasebenzi.

10 Waza wabiza abadisipile bake abali-
shumi linababini, wabanika igunya
pezu kwomoya abancolileyo, lokuba baba-
kupe, nelokupilisa zonke izifo nazo zonke
izikuhlane.

2 Kekaloku amagama abapostile abali-
shumi linababini ngawo la: Owokuqala, u-
Simone o-kutiwa ngu-Petrosi, no-Andreya
umninawe wake; u-Yakobi *unyana* ka-
Zebedi, no-Johane umninawe wake; 3 u-
Filipi, no-Batolomeyu; u-Tomasi, no-
Mateyu umbuti weminikelo; u-Yakobi
*unyana* ka-Alefeyu, no-Lebeyu owatiywa
elinye igama elingu-Tadeyu; 4 u-Simone
umkanani, no-Jude Sikariyoti, okwa nguye
owamngcatshayo.

5 Aba 'balishumi linababini wabatuma
u-Yesu, wabayalela, esiti: Ningemkeli
endhleleni yababeyideni, nasesixekweni
sama-Samariya ningangeni; 6 yiyani ko-
dwa ngakumbi ezigusheni ezilahlekileyo
zendhlu ka-Sirayeli. 7 Niti ke ekuyeni
kwenu nishumayele, nisiti: Ubukumkani
bezulu sebukufupi. 8 Pilisani abafayo,
hlambululani amaleperi, vusani abafileyo,
kupani idemoni: namkele ngesisa, yipani
ngesisa. 9 Ningazizuzeli igolide, nesili-
vere, nobedu, zibe semibinqweni yenu;
10 kwa nennxowa ibe yeyendhlela,
nengubo ezimbini, nezihlangu, nentonga;
ngokuba umsebenzi efanele ukutya kwake.

11 Kanjalo isixeko umhlaumbi umzi
onisukubâ ningena kuwo, buzani ofanele-
kileyo kuwo ungubanina; nize nihlale
kona, nide nimke. 12 Niti nakungena
endhlwini, niyibulise; 13 ukuba ke ifane-
lekile indhlu leyo, maluze uxolo lwenu
pezu kwayo; ukuba kodwa ayifanelekile,
uxolo lwenu malubuyele kuni. 14 Nosu-
kuba enganamkeli nina, engaweva nama-
zwi enu, niti nakupuma kulondhlu umhla-
umbi kwesosixeko, nivutulule utuli lwen-
nyawo zenu. 15 Ngokwennene nditi
kuni: Kwonyamezelekela ilizwe lase-
Sodome ne-Gomora ngomhla womgwebo,
ngapezu kwesosixeko.

16 Bona ke, ndiyanituma njengezimvu
pakati kwenncuka; yibani ngoko ninobu-
lumko njengennyoka, nibe ningenabuqo-
kolo njengamahobe. 17 Kodwa lumkelani
abantu: ngokuba beya kuninikela ematya-
leni, banibete ezindhlwini zenklanganiso
zabo; 18 ewe, naniya kusiwa pambi kwen-
kosi nokumkani ngennxa yami, kube sisi-
nqìno kubo nakubaheyideni. 19 Kodwa
okuya baninikelayo, ningabi nasitukutezi
sokuba *noteta* ngokunjanina umhlaumbi no-
teta 'nto nina; ngokuba niya kunikwa
ngeloxeshana into eniya kuyiteta: 20 ngo-
kuba kungenini abatetayo, kungumoya
WOYIHLO otetayo pakati kwenu. 21 Woti
umzalwana anikele umzalwana ekufeni,
noyise *wonikela* umntwana; kanjalo aba-
ntwana baya kusukela abazali, babafise:
22 naniya kutiywa nga*bantu* bonke ngen-
nxa yegama lami; kodwa onyamezelayo
kude kube sekupeleni, oyena uya kusindi-
swa. 23 Koko xeshekweni banitshutshi-
sayo kwesisixeko, sabelani kwesinye; ngo-
kuba ngokwennene ndisiti kuni: Anisayi
kuba nigqibile izixeko zakwa-Sirayeli
*ukuzihamba*, engekafiki unyana wesintu.

24 Umdisipile akapezulu kumfundisi;
nesicaka asipezulu kwinkosi yaso. 25
Kwanele umdisipile ukuba abe njengomfu-
ndisi wake, nesicaka *ukuba sibe* njengenkosi
yaso. Ukuba umninindhlu bambizile ngo-



University of Fort Hare

Belezebule, kwoba kangakananina ngaku-
mbi *ukubiza kwabo* abendhlu yake? 26
Ize ningaboyiki ke: ngokuba kungeko 'nto
egujungelweyo, engayi kutyilwa; nefihla-
keleyo, engayi kwaziwa. 27 Oko ndiku-
tetayo kuni ebumnyameni, kuxeleni eku-
kanyeni; noko nikuvayo endhlebeni, ku-
shumayeleni pezu kwentungo *zezindhlu.*
28 Kanjalo ningaboyiki abo babulala um-
zimba, kanti umpefumlo abanamandhla
okuwubulala: niti kodwa ngakumbi noyike
lowo unamandhla okububisa kwa nompe-
fumlo nomzimba esihogweni *somlilo.* 29
Akutengiswa amahobohobo mabini nge-
dobulitye na? noko akuyi kuwa nalinye
kuwo pezu kwomhlaba engazi UYIHLO. 30
Kodwa nina, kwa innwele zenkloko zenu
zibaliwe zonke. 31 Ize ningoyiki ke;
nigqitisele amahobohobo amaninzi nina.
32 Ngako osukuba endivuma mina ebu-
sweni babantu, nami ndiya kumvuma yena
ebusweni BOBAWO osezulwini: 33 kodwa
osukuba endikanyela mina ebusweni baba-
ntu, nami ndiya kumkanyela yena ebu-
sweni BOBAWO osezulwini.

34 Ningabi ndeza ukutuma uxolo emhla-
beni; andeza ukutuma uxolo, koko *ndize
ukutuma* isirele. 35 Ngokuba ndize uku-
bambanisa umntu noyise, nentombi nonina,
nomolokazana nonina wendoda: 36 ewe,
intshaba zomntu *zoba* ngabendhlu yake.
37 Otandayo uyise umhlaumbi unina
ngapezu kwami, akandifanele; notandayo
unyana umhlaumbi intombi ngapezu kwa-
mi, akandifanele. 38 Kanjalo lowo unga-
tabati ikuruse yake, alandele emva kwami,
akandifanele. 39 Ofumene ubomi bake,
buya kumlahleka; nolahlekene nobomi
bake ngennxa yami, wobufumana.

40 Owamkela nina, uyandamkela mina;
nowamkela mina, uyamamkela owanditu-
mayo. 41 Owamkela umprofite egameni
lomprofite, uya kuwamkela umvuzo wom-
profite; nowamkela ilunga egameni lelu-
nga, uya kuwamkela umvuzo welunga:
42 nosukuba eseza omnye waba 'bancinane
indebe *yamanzi* abandayo odwa egameni
lomdisipile, ngokwenene nditi kuni,
akayi kulahlekana nomvuzo wake naka-
nye.

11 Kwaza kwati, xeshekweni abegqibile
u-Yesu ukuyalela abadisipile bake
abalishumi linababini, wesuka apo ukuya
kufundisa nokushumayela ezixekweni
zabo.

2 KEKALOKU u-Johane akuyiva ento-
longweni imisebenzi ka-Krestu, watuma
ababini bakubadisipile bake, 3 wati kuye:
Unguye ozayo na, silinde wumbi kusinina?
4 Waza wapendula u-Yesu wati kubo:
Hambani nishumayeze u-Johane izinto
enizivileyo nenizibonileyo: 5 imfama ziya-
mkela ukubona kwazo, neziqwala ziyaha-
mba; amaleperi ayahlanjululwa, nezitulu
ziyeva; abafileyo bayavuswa, namahlwe-
mpu indaba ezilungileyo ziyashunyayelwa
kuwo. 6 Kanjalo unetamsanqa osukuba
engaxakaniswa ngami.

7 Kekaloku bakumka aba, waqala u-
Yesu ukuti kwizihlwele ngaye u-Johane:
Napuma naya enklango ukuya kubonela
'nto nina? ingcongolo izanyazanyiswa
ngummoya na? 8 Kodwa napuma ukuya
kubona 'nto nina? umntu evatisiwe ngezi-
vato ezitambileyo na? bona ke, abo ba-
mbata *izivato* ezitambileyo basezindhlwini
zokumkani. 9 Kodwa napuma ukuya ku-
bona 'nto nina? umprofite na? ewe, nditi
kuni, nogqitisele umprofite. 10 Ngokuba
enguye lo kubàliwe ngaye *ukuti:* Bona ke,
ndiyatuma isitunywa sami pambi kwobuso
bako, esiya kulungisa indhlela yako pa-
mbi kwako. 11 Ngokwenene nditi kuni:
Akuvukanga pakati kwabazelweyo ngaba-
fazi omkulu ku-Johane umbapitizeshi; ko-
dwa lowo umncinane kwabanye ebuku-
mkanini bezulu umkulu kuye. 12 Na-
kuselokwemihla ka-Johane umbapitizeshi
kwada kwakaloku nje, ubukumkani bezulu
bunokunyanzelwa, bati abanyanzelayo ba-
nxamele ukububamba. 13 Ngokuba beku-
profitesha bonke abaprofite nomteto kwada
kwako u-Johane. 14 Kanjalo, ukuba ni-
yavuma ukwamkela *oku,* yena ungu-Elija
obeza kuza. 15 Onendhlebe zokuva, ma-
keve.

16 Kodwa ndosifanisa nanto nina isizu-
kulwana esi? Siyafana nabantwana behleli
ezindaweni zentengo, bememeza amako-
lwane abo, 17 besiti nokuti: Sanigwalela,
anaduda ke; sanenzela isililo, anenza 'si-
jwili ke. 18 Ngokuba u-Johane weza
engatyi engaseli, baza bati: Unedemoni.
19 Unyana wesintu weza esitya esela, baza
bati: Nanku umntu ozinxalayo olinxila,
umhlobo wababuti beminikelo naboni.
Kanti ubulumko bugwetyelwe lusapo
lwabo.

20 Wandula waqala ukutetisa izixeko
ekwenzelwa kuzo kakulu izenzo zake za-



University of Fort Hare

mandhla, ngokuba zingagunqukanga, *esiti :*
21 Hai ubunzima bako, Korazine! hai
ubunzima bako, Betesayida! ngokuba ize-
nzo zamandhla ezenzelwa kuni ukuba za-
zenzelwe e-Tire nase-Tsidone, zinga zibe
ziguqukile kade zinenklakanklaka no-
tutu. 22 Kanjako nditi kuni: Kwonya-
mezelekela i-Tire ne-Tsidone ngomhla
womgwebo, ngapezu kwenu. 23 Nawe,
Kapenayume! opakanyiselweyo kwa sezu-
lwini, uya kuhliselwa kwa sehadesi:
ngokuba izenzo zamandhla ezenzelwa kuwe
ukuba zazenzelwe e-Sodome, inga iba isa-
hleli kwada kwanamhla nje. 24 Kanjako
nditi kuni: Kwonyamezelekela ilizwe
lase-Sodome ngomhla womgwebo, ngapezu
kwako.

25 Ngeloxesha wapendula u-Yesu wati:
Ndiyakubulela, Bawo, Nkosi yezulu nom-
hlaba! ukuba ufihlele izilumko nezazi
ezizinto, wazityilela intsana: 26 ewe,
Bawo! ngokuba okunjalo bekukolekile
ebusweni bako. 27 Zonke izinto zinike-
lwe kumi NGUBAWO: kanjako akuko 'mntu
omaziyo UNYANA, kupela NGUYISE; NOYISE
akuko 'mntu omaziyo, kupela NGUNYANA,
nosukuba UNYANA etanda ukumtyilela
yena.

28 Yizani kumi, nonke nina nidiniweyo
nitwesiwe kakulu, ndandiya kuti mina
ndinipumze. 29 Twalani iyokwe yami
pezu kwenu, nifunde ngami; ngokuba
ndilulamile ndinenkliziyo etobekileyo: na-
niya kufumanela imipefumlo yenu uku-
pumla. 30 Ngokuba iyokwe yami iyolile,
nomtwalo wami ulula.

12 NGELOXESHA wacanda u-Yesu o-
masimini ngemmini yesabata: baza
abadisipile bake balamba, baqala ukuka
izikwebu, nokutya. 2 Koko abafarisi,
bakubona *oko*, bati kuye: Bona ke, aba-
disipile bako bayakwenza oko ekunga-
fanelekile ukukwenza ngesabata. 3 Wa-
za wati kubo: Anileseshanga na into
wayenzayo u-Davide, okuya wabelambile
yena nabo babenaye; 4 okokuba wangena
endhlwini KATIXO, watya izonka zokubona-
kala, ekube kungafanelekile kuye uku-
zitya, kwa nakubo ababenaye, kupela
*bekufanelekile* kubaperisite bodwa? 5 Ka-
njalo anileseshanga emtetweni na, ukuba
ngemmini yesabata abaperisite etempileni
bayapula isabata, bengazeki 'tyala noko?
6 Kekaloku nditi kuni: Uko apa omkulu
kuyo itempile. 7 Kodwa ukuba benikwa-
zile ukuba kuti nina,—Ndiyafuna ububele,
andi*funi* umbingo; ngeningagwebanga aba-
ngenatyala. 8 Ngokuba unyana wesintu
eyinkosi yesabata nayo.

9 Waza esukile apo waya wangena en-
dhlwini yenklanganiso yabo. 10 Keka-
loku bona ke, bekuko umntu enesandhla
esishwabeneyo: baza bambuza, besiti:
Kufanelekile na ngemmini yesabata uku-
pilisa? ukuze bamnike ityala. 11 Waye-
siti kubo: Woba nguwupina kuni engum-
ntu, oya kuba nayo igusha, ongayi kuti, nxa
yeyele le emnxunyeni ngemmini yesabata,
ayibambe yona ayinyuse? 12 Kungento
engakananina pofu umntu agqitisele igu-
sha? Kwa njalo ke kufanelekile ngemmini
yesabata ukwenza okulungileyo. 13 Wa-
ndula wati emntwini: Yolula isandhla
sako. Wayesolula ke, saza sabuya senziwa
sipilile njengesinye.

14 Baza bapuma abafarisi bacebisana
ngakuye, ukuze bambubise. 15 Kodwa
u-Yesu wakwazi *oko*, wemka apo; zaza
zamlandela izihlwele ezininzi, wabapi-
lisa bonke *abafayo*, 16 wabayala ukuba
mabangamtyili; 17 kuze kuzaliseke oko
kwatetwayo ngu-Yisaya umprofite, esiti:
18 Kangela isicaka sami, endisinyulileyo;
umtandwa wami, oti umpefumlo wami
ukoliswe nguye; ndobeka umoya wami
pezu kwake, nesigwebo uya kusishumayela
kubaheyideni. 19 Akayi kupika, akayi
kudanduluka kanjako; aliyi kuviwa 'mntu
nasezitarateni ilizwi lake. 20 Ingcongolo
etyumzekileyo akayi kuyapula, nomsonto
wesibane oqumayo akayi kuwucima, ade
akupe isigwebo ngokwoyisa: 21 nasega-
meni lake abaheyideni baya kutemba.

22 Kwandula kwaziswa kuye ongenelwe
yidemoni, oyimfama nesidenge; waza
wampilisa, wada oyimfama nesidenge wa-
nokuteta nokubona. 23 Zamangaliswa ke
zonke izihlwele, zati: Lo unguye unyana
ka-Davide na? 24 Kodwa abafarisi, ba-
kuva, bati: Lo akazikupi idemoni, kupela
*uyazikupa* ngo-Belezebule inkosi yedemoni.
25 Kuloko u-Yesu wazazi izicingo zabo,
wati kubo: Bonke ubukumkani obupambe-
neyo ngokwabo buyacitakaliswa; nazo
zonke izixeko, umhlaumbi izindhlu, ezi-
pambeneyo ngokwazo, aziyi kuma. 26
No-Satane ukuba uyakupa u-Satane, upa-
mbene ngokwake; boti nina pofu ubuku-
mkani bako ukuma? 27 Kanjalo ukuba



University of Fort Hare

ndiyazikupa idemoni ngo-Belezebule mina,
bayazikupa ngobanina onyana benu? ngako
oko bona boba ngabagwebi benu. 28 Ko-
dwa ukuba ndiyazikupa idemoni mina
ngomoya KATIXO, kukona sebunifikele ubu-
kumkani BUKATIXO. 29 Kanjalo angati
nina umntu ukungena endhlwini yonama-
ndhla, apange impahla zake, nxa angatanga
kuqala wamnxiba onamandhla? waeya
kwandul' ukupanga indhlu yake oko. 30
Ongengecala lami, uyalana nami; nonga-
butani nami, uyacita. 31 Ngako oko nditi
kuni: Konke ukwona nokugxeka baya ku-
xolelwa kona abantu; kodwa ukumgxeka
umoya *oyingcwele* abayi kuxolelwa kona
abantu. 32 Nosukuba eteta ilizwi nga-
kuye unyana wesintu, uya kuxolelwa;
kodwa osukuba eteta ngakuye umoya o-
yingcwele, akayi kuxolelwa, nakwelilizwe
likoyo, nakwelo liza kuza. 33 Yenzani
umti ulunge, kulunge nokuqama kwawo;
okanye, yenzani umti ubole, kubole noku-
qama kwawo: ngokuba umti usaziwa ngo-
kuqama *kwawo.* 34 Sizukulwanandini
sennyoka! ningati nina ukuteta izinto ezi-
lungileyo, nikohlakele nje? ngokuba umlo-
mo uteta okuvela ekupupumeni kwenkli-
ziyo. 35 Umntu olungileyo kwimbekelo
elungileyo yenkliziyo *yake* uyakupa izinto
ezilungileyo; nomntu okohlakeleyo kwim-
bekelo ekohlakeleyo uyakupa izinto ezi-
kohlakeleyo. 36 Kodwa nditi kuni: Onke
amazwi angendawo, abasukuba bewateta
abantu, baya kupendulela wona ngomhla
womgwebo: 37 ngokuba ngawo amazwi
ako uya kugwetyelwa, nangawo amazwi
ako uya kugwetywa.

38 Kwandula kwapendula abatile ba-
kubo ababàli nabafarisi, besiti: Mfundisi!
singa singabona umqondiso kuwe. 39 Ko-
dwa wapendula wati kubo: Isizukulwana
esikohlakeleyo nesiburexeza siyafuna um-
qondiso; kanti asiyi kunikwa 'mqondiso,
kupela umqondiso ka-Jona umprofite. 40
Ngokuba, njengokuba u-Jona ebemmini
'ntatu nobusuku butatu esiswini senklanzi
enkulu, kwa njalo unyana wesintu woba
'mmini 'ntatu nobusuku butatu embilini
womhlaba. 41 Abantu base-Nineve baya
kusuka beme emgwetyweni kunye nesisi-
zukulwana, basigwebe; ngokuba baguqu-
kayo ngokushumayela kuka-Jona: kanti
nanku omkulu ku-Jona apa. 42 Ukumka-
nikazi wasesuyide uya kuvuka eme emgwe-
tyweni kunye nesisizukulwana, asigwebe;
ngokuba wavela ezipelweni zomhlaba
ukuza kuva ubulumko buka-Solomone:
kanti nanku omkulu ku-Solomone apa.

43 Kodwa xeshekweni umoya oncolileyo
apumile emntwini, uyacanda ezindaweni
ezingenamanzi, efuna ukupumla, kanti
akakufumani. 44 Andule ukuti: Ndiya
kubuyela endhlwini yami, apo ndapuma
kona. Ati akufika ayifumane ingenamntu,
itshayelwe, ihonjiwe. 45 Andule ukuya
atabate naye abanye omoya abasixenxe,
abakohlakeleyo ngakumbi kuye, abati ba-
ngene bahlale kona: kuze kuti okwo-
kupela kwalomntu kube kubi kokwoku-
qala. Kwoba njalo ke nakwesisizukulwana
sikohlakeleyo.

46 Kekaloku nxa abesateta kwizihlwele,
bona ke, unina nabazalwana bake bebemi
ngapandhle, befuna ukuteta naye. 47
Wayesiti otile kuye: Nanku unyoko naba-
zalwana bako bemi ngapandhle, befuna
ukuteta nawe. 48 Koko wapendula wati
kulowo ubetshilo kuye: Uma ungubanina?
nabazalwana bami bangobanina? 49 Waza
wasolula isandhla sake ngakubadisipile
bake, wati: Nanku uma nabazalwana
bami! 50 ngokuba lowo usukuba esenza
intando KABAWO osezulwini, ekwa nguye
umzalwana wami, nodade *wami*, noma.

13 KWA ngalommini wapuma u-Yesu
endhlwini, wahlala pantsi ngase-
lwandhle. 2 Zaza zabutela kuye izi-
hlwele ezininzi, wada wangena ennqana-
weni, wahlala pantsi: saye sonke isihlwele
sibe simi elunxwemeni. 3 Waza wateta
kubo indawo ezininnzi ngemizekeliso,
esiti:

Bona ke, umhlwayeli wapuma ukuya
kuhlwayela; 4 nasekuhlwayeleni kwake,
ezinnye *inkozo* zawa ngasendhleleni, zati
intaka zeza zazidhla. 5 Zawa nezinnye
endaweni ebulwalwa, apo bezingenawo
umhlaba omninzi; zaza zasezipuma ka-
msinya, ngokuba zingenabo ubunzulu
bomhlaba: 6 zati nxa ilanga belipumile,
zatshiswa; nangokuba zingenangcambo,
zabuna. 7 Zawa nezinnye endaweni ye-
mitolo; yaza imitolo yahluma, yazitshwe-
ncisa. 8 Zawa nezinnye emhlabeni olu-
ngileyo, zanika isiqamo ke, olunye nge-
kulu, nolunye ngamashumi matandatu,
nolunye ngamashumi matatu. 9 Onen-
dhlebe zokuva, makeve.

10 Beza ke abadisipile bati kuye: Ku-



University of Fort Hare

nganina ukuba utete nabo ngemizekeliso?
11 Wapendula wati kubo: Kungokuba
kunikiwe nina ukwazi imfihlakalo zobu-
kumkani bezulu, kodwa akunikwanga
bona abo. 12 Ngokuba lowo usukuba
enako, kuya kupiwa yena, waeya kwane-
zelelwa; kanti osukuba engenako, uya
kuhlutwa kwa oko anako. 13 Kungennxa
yoku enditeta nabo ngemizekeliso; ukuba
bebona nje bengaboni, nokuba besiva nje
bengeva, beñgaqondi nokuqonda. 14 Kuze
kuzalisekiswe kubo isiprofitesho sika-
Yisaya sokuti: Ngokuva niya kuva, ni-
ngezi niqonde; nibona nje niya kubona,
ningezi niqiqe: 15 ngokuba inkliziyo
yababantu idikiwe, nendhlebe bazenze
nzima ukuva kwazo, namehlo abo bawa-
cimile; hleze babone ngamehlo, beve ngen-
dhlebe, baqonde ngenkliziyo, baguquke,
ndibapilise. 16 Kodwa nina anetamsanqa
amehlo enu, ukuba ebona; nendhlebe
zenu, ukuba zisiva. 17 Ngokuba ngo-
kwennene ndisiti kuni: Baninzi abaprofite
*nabantu* abalungileyo ababenqwenela uku-
bona izinto enizibonayo, kanti abazi-
bonanga; nokuva izinto enizivayo, kanti
abazivanga.

18 Nina ngoko yivani umzekeliso wom-
hlwayeli: 19 Nxa sukuba umntu esiva
ilizwi lobukumkani, engaqondi ke, uyeza
okohlakeleyo, ahlute oko kuhlwayelweyo
enkliziyweni yake: nguye lo owayehlwa-
yelwa ngasendhleleni. 20 Nowayehlwa-
yelwa endaweni ebulwalwa, nguye lo oti
ilizwi alive, asuke alamkele ngovuyo;
21 koko engenangcambo pakati kwake,
uyenza umzuzu kodwa; kuze kuti, kwa-
kuhla imbandezelo umhlaumbi intshutshiso
ngennxa yelizwi, asuke axakaniswe. 22
Nowayehlwayelwa endaweni yemitolo,
nguye lo oti ilizwi alive; kanti isitukutezi
selilizwe likoyo, nenkohliso yobutyebi,
ziyarwisha ilizwi, lize liputiswe. 23 No-
wayehlwayelwa emhlabeni olungileyo,
nguye lo oti ilizwi alive, aliqonde; oti
kanjalo axakate izixakato, enze omnye
ngokulikulu, nomnye ngokungamashumi
matandatu, nomnye ngokungamashumi
matatu.

24 Omnye umzekeliso wawubeka pambi
kwabo, esiti: Ubukumkani bezulu bufane-
kiswa nomntu owahlwayela imbewu elu-
ngileyo entsimini yake; 25 koko, nxa
bekulala abantu, kweza utshaba lwake
lwahlwayela izizani kwa pakati kwayo
innqolowa, lwemka ke. 26 Kwaza kwati,
okuya besihlumile isitombo, savelisa isi-
qamo, kwandul' ukubonakala izizani nazo.
27 Zaye zisiza izicaka zomninindhlu zati
kuye: Nkosi! akwahlwayela imbewu elu-
ngileyo na entsimini yako? izuze pina
pofu izizani? 28 Waza wati kuzo: Ngum-
ntu olutshaba okwenzileyo oku. Zati
izicaka kuye: Uze utande na ukuba
siye sizibute? 29 Wati: Hai; hleze niti,
nakuzibuta izizani, niyidonyule kunye
nazo innqolowa: 30 ziyekeni zombini
zimile ndawonye kude kuvunwe; nange-
xesha lokuvuna ndiya kuti kubavuni:
Zibuteni tanci izizani, nibope zona nge-
zitungu zitshiswe; kodwa innqolowa yi-
hlanganiseleni esiseleni sami.

31 Omnye umzekeliso wawubeka pambi
kwabo, esiti: Ubukumkani bezulu bufana
nokozo lwembewu yemositade, owalutaba-
tayo umntu, waluhlwayela entsimini yake:
32 eti okunene *leyombewu* ibe 'nncinane
kuzo zonke imbewu; iti kodwa uxa imili-
leyo, ibe 'nkulu kuyo imifuno, ibe ngumti,
zide zize intaka zezulu, zihlale emasebeni
awo.

33 Omnye umzekeliso wawuteta kubo,
*esiti:* Ubukumkani bezulu bufana negwele,
owalitabatayo umfazi, walifihlela ezilinga-
nisweni zitatu zomgubo, wada wabiliswa
wonke.

34 Ezizinto zonke waziteta u-Yesu nge-
mizekeliso kwizihlwele; wabengateti ko
kuzo kungeko umzekeliso; 35 ukuze kuza-
liseke oko kwatetwayo ngumprofite, esiti:
Ndiya kuvula umlomo wami ngemizeke-
liso; ndiya kuxela izinto ezifihliweyo kwa
sekumisweni kwelizwe.

36 Wati akuba ezindulule izihlwele, wa-
ndula wangena u-Yesu endhlwini. Kekalo-
ku beza kuye abadisipile bake, besiti: Sityi-
lele umzekeliso wezizani zentsimi. 37 Waza
wapendula wati kubo: Ohlwayela imbewu
elungileyo ungunyana wesintu; 38 intsimi
ililizwe; imbewu elungileyo, eyona ilusapo
lwobukumkani; izizani zilusapo lwoko-
hlakeleyo; 39 utshaba olwazihlwayelayo
lungu-Satane; ukuvuna kukugqityelwa
kwelizwe elikoyo; abavuni bazingelosi.
40 Njengokuba ke zibutwa izizani, zi-
tshiswe ngomlilo, kwoba njalo ekugqi-
tyelweni kwelilizwe likoyo: 41 unyana
wesintu wotuma ingelosi zake, eziya ku-
buta ebukumkanini bake zonke izixaka-
nisi, nabo bakwenza okungalungileyo,



University of Fort Hare

42 zibapose esidhlangalaleni somlilo; apo
kwobako ukulila nokuqaqazela kwama-
zinyo. 43 Oko abalungileyo baya ku-
kanya njengelanga ebukumkanini BOYISE
wabo. Onendhlebe zokuva, makeve.
44 Kanjalo ubukumkani bezulu bufana
nendyebo ifihlelwe entsimini, ati akuyi-
fumana umntu, ayifihle, azo ngovuyo
lwake aye atengise ngako konke anako,
ayitenge leyontsimi.
45 Kanjalo ubukumkani bezulu bufana
nomtengi efuna iperule ezinkle; 46 owati
akuyifumana iperule innye exabiso likulu,
waya watengisa ngako konke abenako,
wayitenga.
47 Kanjalo ubukumkani bezulu bufana
notambo oluposiweyo elwandhle, lwahla-
nganisa kwinklobo zonke; 48 olwati lwa-
kuzaliswa, balurolela pezu kwonxweme,
baza behleli pantsi ke ezilungileyo bazi-
butela ezityeni, kodwa ezibolileyo bazi-
lahla. 49 Kwoba njalo ekugqityelweni
kwelizwe elikoyo: ziya kupuma ingelosi,
zahlule abakohlakeleyo kwa kubo abalu-
ngileyo, 50 zibapose esidhlangalaleni som-
lilo; apo kwobako ukulila nokuqaqazela
kwamazinyo.
51 Wati u-Yesu kubo: Niziqondile na
zonke ezizinto? Bati kuye: Ewe, Nkosi!
52 Waza wati kubo: Ngako oko bonke
ababàli abafundiselwe ubukumkani bezulu
bafana nomninindhlu, owakupayo kwimbe-
kelo yake *into* ezintsha nezindala.
53 Kwaye kute, xeshekweni abeyigqi-
bile u-Yesu lemizekeliso, wesuka kona.
54 Waza wati akufika ezweni lakowabo,
wabafundisa endhlwini yenklanganiso
yabo, bada bamangaliswa bati: Uzuze
pina lo obubulumko nezizenzo zamandhla?
55 lo asi nguye unyana wenncibi yemiti
na? unina asi ngo-kutiwa ngu-Mariya na?
nabazalwana bake *asi* ngabo o-Yakobi, no-
Jose, no-Simone, no-Jude na? 56 nodade
bake abako na kuti bonke? uzuze pina
pofu lo zonke ezizinto? 57 Baza baxa-
kaniswa ngaye. Kuloko u-Yesu wati kubo:
Umprofite akangongenakubekwa, kupela
*ungomjalo* ezweni lakowabo nasendhlwini
yake. 58 Waza akenza 'zininzi izenzo
zamandhla kona apo, ngennxa yokunga-
kolwa kwabo.

14 NGELOXESHA weva u-Herodi inkosi
udumo luka-Yesu, 2 wati ezicakeni
zake: Lo unguye u-Johane umbapitizeshi;
uvukile ekufeni; kungako oku ezizenzo
zamandhla zisebenzeka kuye.
3 Ngokuba u-Herodi ebembambile u-
Johane, wamnxiba, wamfaka entolongweni,
ngennxa ka-Herodiya, umfazi ka-Filipi
umninawe wake. 4 Ngokuba u-Johane
ebesiti kuye: Akufanelekile kuwe ukuba
ube naye. 5 Wati akufuna ukumbulala,
waboyika abantu, ngokuba bebembala
ukuba ungumprofite. 6 Kodwa kwaku-
gcinwa immini yokuzalwa kuka-Herodi,
yaduda intombi ka-Herodiya pakati *kwabo*,
yamkolisa u-Herodi. 7 Kukona wavumayo
ngesifungo ukuba uya kuyinika oko isu-
kuba icela kona. 8 Yaza yona, iqùtyiwe
ngunina nje, yati: Ndinike apa pezu
kwesikotile inkloko ka-Johane umbapi-
tizeshi. 9 Wayelusizi ke ukumkani lowo;
kodwa, ngennxa yesifungo nabo babehleli
ekutyeni ndawonye *naye*, waxela ukuba
mayinikwe. 10 Watuma ke, wanqumla
u-Johane inkloko entolongweni apo. 11
Yaza yaziswa inkloko yake pezu kwesi-
kotile, yanikwa kwintombazana leyo; yati
yona ya*yisa* kunina. 12 Beza abadisipile
bake, bawususa umzimba, bawuncwaba,
baya bamshumayeza u-Yesu.
13 Wati u-Yesu akuva *oko*, wemka apo
ngennqanawa waya endaweni elubala
ngasese; zati zakuva izihlwele, zamla-
ndela ngennyawo zivela ezixekweni. 14
Waza u-Yesu epumile nje wabona abantu
abaninzi, wabetwa lusizi pezu kwabo,
wabapilisa abafayo babo.
15 Kekaloku kwakuhlwa, beza kuye
abadisipile bake, besiti: Lendawo ilubala;
ixesha selidhlule kanjalo; zindulule izi-
hlwele, ize zimke ziye emizini zizitengele
ukudhla. 16 Kodwa u-Yesu wati kubo:
Azifanele ukumka; zipeni nina ukuba
zitye. 17 Baza bati kuye: Asinanto apa,
kupela izonka zizihlanu nenklanzi zi-
zimbini. 18 Wayesiti: Zisani zona kumi
apa. 19 Waza wayalela izihlwele ukuba
zihlale pantsi etyanini, watabata izonka
zozihlanu nenklanzi zombini, wati, eka-
ngele ngasezulwini, wabulela, waqezula,
wanikela izonka kubadisipile, bati aba-
disipile *banikela* kwizihlwele. 20 Batya
ke bonke, bahluta: kanjalo kwasuswa
amaqezu aseleyo, izitya zazilishumi lina-
zibini zizele. 21 Kekaloku abo babesitya
bebengamadoda anga amawaka mahlanu,
ngapandhle kwabafazi nabantwana.
22 Waza u-Yesu kwa oko wanyanzela



niversity of Fort Hare

abadisipile bake bangene ennqanaweni,
bamandulele ukuya ecaleni elingapesheya,
nxa abezindulula izihlwele. 23 Wati
akuba ezindulule izihlwele, wenyukela
entabeni ngasese ukuya kutandaza: kwati
kwakuba kuhlwile, wayekona apo eyedwa.
24 Kodwa innqanawa ibisel' ipakati kwo-
lwandhle, ibulawa ngamaza; ngokuba
ummoya ubuvela pambili.
25 Kekaloku kwelesine ivarasho lobu-
suku, wemka waya kubo u-Yesu, ehamba
pezu kwolwandhle. 26 Bati abadisipile,
bakumbona ehamba pezu kwolwandhle,
baxaliswa, besiti: Ngumshologu! bakala
kukwoyika ke. 27 Wasuka wateta kubo
u-Yesu, esiti: Yomelelani; ndimi, musani
ukwoyika. 28 Waza u-Petrosi wapendula
kuye wati: Nkosi! ukuba nguwe, xela
ukuba ndize kuwe pezu kwamanzi. 29
Wayesiti: Yiza. Waza wehla u-Petrosi
ennqanaweni, wahamba pezu kwamanzi,
ukuya ku-Yesu. 30 Kodwa ebona ummoya
unamandhla woyika; wati esel' eqala uku-
ntywila wakala, esiti: Nkosi, ndisindise!
31 Wasuka wolula isandhla u-Yesu, wam-
bamba, wati kuye: Wena ukolo lunci-
nane! wabutandabuza nganina? 32 Kwaza
kwati, bakungena ennqanaweni, wadamba
ummoya. 33 Bandula abo basennqana-
weni beza bambedesha, besiti: Ngennya-
niso ungunyana KATIXO.
34 Kekaloku nxa sebewelile, bafika
ezweni le-Genesarete. 35 Baza abantu
balondawo bakumazi, batumela kulo lonke
elolizwe langakona, bazisa kuye bonke
abafayo, 36 bambongoza ukuba mabacu-
kumise kodwa umqukumbelo wengubo
yake; baza bonke abacukumisayo bapi-
liswa.

15 BANDULA beza ku-Yesu ababàli
nabafarisi base-Yerusaleme, besiti:
2 Kunganina ukuba abadisipile bako
bagqite isinikelo sabadala? ngokuba be-
ngahlambi izandhla zabo, okuya basitya
isonka. 3 Koko wapendula wati kubo:
Nani kunganina ukuba nigqite umyalelo
KATIXO ngennxa yesinikelwa senu? 4
Ngokuba UTIXO eyalele, esiti: Beka uyihlo
nonyoko; *esiti* kanjalo: Otukayo uyise,
umhlaumbi unina, makafe ngokufa. 5
Kanti nina niti: Osukuba esitsho kuyise,
umhlaumbi kunina, ukuti: Ngumnikelo,
into esukuba iyiyo ubungaba ngayo unce-
dwa ndimi; akayi kwandula abeke uyise,
umhlaumbi unina. 6 Kwa njalo ke ni-
wutshitshisile umyalelo KATIXO ngennxa
yesinikelwa senu. 7 Zihanahanisindini!
ulungisile ukuprofitesha ngani u-Yisaya,
esiti: 8 Ababantu bayasondela kumi
ngomlomo wabo, bandidumise ngenteto
zabo, kanti inkliziyo yabo iyakwelela kudo
kumi: 9 kodwa bafumana bendibedesha,
befundisa ngezifundiso eziziziyalelo za-
bantu.
10 Waza wabiza isihlwele, wati kubo:
Yivani niqonde ke: 11 oko kungena em-
lonyeni akuncolisi umntu; oko kupuma
emlonyeni, kuko oku okuncolisayo umntu.
12 Bandula beza abadisipile bake bati
kuye: Uyazi na ukuba abafarisi badubu-
leka, bakuva elozwi? 13 Koko wape-
ndula wati: Zonke izityalo, ezingatya-
lwanga NGUBAWO wasezulwini, ziya kudo-
nyulwa. 14 Bayekeni; ngabakokeli bem-
fama abakwa zimfama: kekaloku imfama
ukuba iyakokela imfama, ziya kweyela
emnxunyeni zombini.
15 Waza wapendula u-Petrosi wati
kuye: Sityilele lomzekeliso. 16 Wayesiti
u-Yesu: Kwa ngoku nisengabo abange-
nakuqonda nani na? 17 Anikaqondi na,
ukuba konke okungenayo emlonyeni ku-
yadhlulela esiswini, kulahlelwe endaweni
yasese? 18 Kanti izinto ezipumayo em-
lonyeni zivela enkliziyweni, ziti ezo ke
zincolise umntu. 19 Ngokuba kuvela
enkliziyweni izicamango ezikohlakeleyo,
izibulalo, izirexezo, imibulo, izibò, uku-
nqìna okubuxoki, izigxeko: 20 zizo ezi
izinto ezincolisa umntu; kodwa ukutya
ngezandhla ezingahlanjwanga, akuncolisi
umntu *oku*.
21 Waza u-Yesu wapuma apo, wemkela
kwizahlulo zase-Tire ne-Tsidone. 22 Ke-
kaloku bona ke, um-Kananekazi wavela
kuleyomida wadandulukela kuye, esiti:
Yiba netaru kumi, Nkosi, nyana ka-
Davide! intombi yami ingenelwe yide-
moni kakubi. 23 Kodwa akampendula
nalinye ilizwi. Bada beza abadisipile
bake bamtandaza, besiti: Mndulule; ngo-
kuba ekala emva kwetu. 24 Koko wa-
pendula wati: Nditunyelwe ezigusheni
ezilahlekileyo zendhlu ka-Sirayeli kupela.
25 Waselesiza wambedesha, esiti: Nkosi,
ndisize! 26 Koko wapendula wati: Aku-
fanelekile ukuba kutatyatwe isonka sa-
bantwana, siposwe ezinjeni. 27 Wayesiti:
Ewe, Nkosi! ngokuba nezinja zisitya


University of Fort Hare

kwimvutuluka eziwayo etafileni yabanini
bazo. 28 Wandula wapendula u-Yesu
wati kuye: Hai, mfazi! lukulu ukolo
lwako; makube njalo kuwe njengoku-
tanda kwako. Yaza intombi yake yapi-
liswa kwa ngeloxeshana.

29 Kekaloku wesuka apo u-Yesu weza
ngaselwandhle lwase-Galili, wenyukela
entabeni, wahlala pantsi kona. 30 Zati
izihlwele ezininzi zeza kuye, zizisa nazo
iziqwala, imfama, izidenge, izilima, na-
banye abaninzi, zabawisa pantsi ngasezin-
nyaweni zika-Yesu; waza wabapilisa;
31 zada zati nqa izihlwele, zakubona izi-
denge ziteta, izilima zipilile, iziqwala
zihamba, nemfama zibona; zaza zamdu-
misa UTIXO wo-Sirayeli.

32 Wandula u-Yesu wabiza abadisipile
bake, wati: Ndibetwa lusizi pezu kwe-
sihlwele, ukuba kuse kuntsuku ntatu
behlala nami, bengenanto yokutya: ka-
njalo anditandi ukubandulula bengatyanga,
hleze bacubuke endhleleni. 33 Baza aba-
disipile bake bati kuye: Sozuza pina
enklango izonka ezininzi kangaka, ukuba
sihlutiswe isihlwele esingakanana? 34
Wayesiti kubo u-Yesu: Zingapina izonka
eninazo? Bati ke: Zisixenxe, nento en-
ncinane yenklanzana. 35 Waza wayalela
izihlwele ukuba zihlale pantsi emhlabeni.
36 Waza watabata izonka zozixenxe
nenklanzi, wabulela, waqezula, wanikela
kubadisipile bake, nabadisipile *banikela*
kwisihlwele. 37 Batya ke bonke, bahluta:
kanjalo kwasuswa amaqezu aseleyo, ingo-
bozi zazisixenxe zizele. 38 Kekaloku abo
babesitya bebengamawaka mane amadoda,
ngapandhle kwabafazi nabantwana.

39 Wati akuba ezindulule izihlwele,
wangena ennqanaweni, weza emideni
yase-Magadala.

16 BAZA bafika abafarisi nabasadusi
bemlinga, bacela kuye ukuba maka-
babonise umqondiso uvela ezulwini. 2
Koko wapendula wati kubo: Kwakuba
kuhlwile niti: *Kwobako* ukuzola; ngokuba
izulu libomvu. 3 Kanjalo kwakusa *niti:*
Namhla *kwobako* uqwitela; ngokuba izulu
libomvu lisibekela. Zihanahanisindini!
ukubonakala kwezulu okunene niyazi
ukukuqiqa; kodwa aningeyi*qiqe* na imi-
qondiso yalamaxesha? 4 Isizukulwana
esikohlakeleyo nesiburexeza siyafuna
umqondiso; kanti asiyi kunikwa 'mqo-
ndiso, kupela umqondiso ka-Jona umpro-
fite. Waza wabashiya, wemka.

5 Kekaloku bakufika abadisipile bake
ecaleni elingapesheya, bebelibele ukuta-
bata *nabo* izonka. 6 Wayesiti u-Yesu
kubo: Lumkani nilumkele igwele laba-
farisi nabasadusi. 7 Baza bapikisana
omnye nomnye, besiti: *Utsho*, ngokuba
singatabatanga *nati* izonka. 8 Wayekwazi
*oku* u-Yesu, wati kubo: Yinina ukuba
nipikisane omnye nomnye, nina 'balukolo
luncinane! ngokuba ningatabatanga *nani*
izonka? 9 Anikaqondi na, anizikumbuli
na kanjalo izonka ezihlanu zamawaka
amahlanu, nezitya enazicolayo ukuba zi-
ngapina? 10 kwa nezonka ezisixenxe
zamawaka amane, nengobozi enazicolayo
ukuba zingapina? 11 Yinina lento ninga-
qondi ukuba bekungengaso isonka enda-
tshoyo kuni ukuti manilumkele igwele
labafarisi nabasadusi? 12 Bandula ba-
qonda ukuba akatshongo ukuti maba-
lumkele igwele lesonka, kodwa *mabalu-
mkele* imfundiso yabafarisi nabasadusi.

13 Kekaloku akufika u-Yesu ezahlu-
lweni zase-Kesareya-filipi, wabuza kuba-
disipile bake, esiti: Ngubanina abati
abantu ndinguye, mina 'nyana wesintu?
14 Baye besiti: *Bati* innxennye ngu-
Johane umbapitizeshi; *bati* abanye ngu-
Elija; *bati* abanye ngu-Jeremiya, umhla-
umbi ngowabaprofite. 15 Wati kubo: Ko-
dwa ngubanina eniti nina ndinguye? 16
Wapendula u-Simone Petrosi wati: Wena
unguye u-Krestu, unyana KATIXO ohleliyo.
17 Waza wapendula u-Yesu wati kuye:
Unetamsanqa, Simone, Bara-jona! ngo-
kuba ingeyiyo innyama negazi ekutyile-
leyo *oku*, NGUBAWO osezulwini. 18 Kanjalo
nami nditi kuwe: Wena ungu-Petrosi,
ndandiya kuyaka pezu kwolulwalwa ire-
mente yami, ati amasango ehadesi angayo-
yisi. 19 Ndandiya kunika kuwe izilotile
zobukumkani bezulu; yoti into usukuba
uyinxiba emhlabeni inxitywe ezulwini;
yoti into usukuba uyikulula emhlabeni
ikululwe ezulwini. 20 Wandula wabayala
abadisipile bake, ukuba mabangaxeleli
'mntu ukuba ungu-Yesu u-Krestu.

21 Emveni kwoko waqala u-Yesu ukuboni-
sa abadisipile bake okokuba ufanele ukumka
aye e-Yerusaleme, nokuva inklungu ezin-
ninzi ngabo abadala nabaperisite abakulu
nababàli, nokubulawa, nokuvuswa ngom-
hla wesitatu. 22 Waza u-Petrosi wamta-



niversity of Fort Hare

batela kuye waqala ukumtetisa, esiti: Ma-
wenzelwe ufefe, Nkosi! lento ayisayi ku-
bako kuwe. 23 Koko wajika wati ku-
Petrosi: Yiya emva kwami, Satane! usi-
sixakaniso kumi; ngokuba unganyamekeli
izinto ZIKATIXO, *unyamekela* izinto zabantu
nje. 24 Wandula u-Yesu wati kuba-
disipile bake: Ukuba umntu uyafuna
ukuza emva kwami, makazikanyeze, apate
ikuruse yake, andilandele. 25 Ngokuba
lowo usukuba efuna ukulondoloza ubomi
bake, buya kumlahleka; nosukuba elahle-
kana nobomi bake ngennxa yami, wobu-
fumana. 26 Ngokuba uncedwa 'nto nina
umntu, ukuba ilizwe lonke walizuza,
nompefumlo wake walahlekelwa nguwo?
kanjalo uya kunika 'nto nina umntu ibe
lixabiso elilingana nawo umpefumlo wake?
27 Ngokuba unyana wesintu eya kuza
ebungcwaliseni BOYISE kunye nengelosi
zake; waeya kwandula ukuvuza abanye
ngabanye ngokwokwenza kwabo. 28 Ngo-
kwennene nditi kuni: Bako innxennye
yabemiyo apa, abangasayi kuva ukufa,
bade babone unyana wesintu esiza ebu-
kumkanini bake.

17 WAZA u-Yesu emveni kwentsuku
'ntandatu watabata naye u-Petrosi,
no-Yakobi, no-Johane umninawe wake,
wabanyusela entabeni ende ngasese. 2
Waza wenziwa ngakumbi isimilo sake
pambi kwabo, bati ubuso bake bakazimla
njengalo ilanga, nezivato zake zaba 'mhlope
njengako ukukanya. 3 Kekaloku bona ke,
kwabonakala kubo u-Mosesi no-Elija beteta
naye. 4 Waza wapendula u-Petrosi wati
ku-Yesu: Nkosi! kulungile ukuba sibe
lapa; ukuba uyatanda, masenze apa ama-
pempe abe matatu, elinye libe lelako,
elinye libe lelika-Mosesi, elinye libe le-
lika-Elija. 5 Nxa abesateta, bona ke, ilifu
elikanyayo labasibekelela; kanjalo bona
ke, ilizwi lavela elifini, lisiti: Lo ungu-
nyana wami otandiweyo, endikolisiweyo
kakuhle nguye; mveni yena. 6 Baza aba-
disipile bakuva *oko* bawa ngobuso babo,
boyika kakulu. 7 Waselesiza u-Yesu wa-
bacukumisa, wati: Vukani, ize ningoyiki.
8 Bati bakupakamisa amehlo abo, ababona
'mntu, kupela u-Yesu yedwa.
9 Kekaloku bakuhla entabeni, u-Yesu
wabayalela, esiti: Ningaxeleli 'mntu esisi-
bonakalo, ade avuke unyana wesintu eku-
feni. 10 Baza abadisipile bake bambuza,
besiti: Yinina pofu ukuba ababàli bati:
u-Elija ufanele ukuza tanci? 11 Wape-
ndula u-Yesu wati kubo: u-Elija okunene
uyeza tanci, waeya kubuya amise into
zonke. 12 Kodwa nditi kuni: u-Elija
usel' ezile, baye bengamazanga ke, koko
benza kuye konke bakwenzayo. Kwa njalo
ke nonyana wesintu uza kuva inklungu
kwa ngabo. 13 Bandula baqonda aba-
disipile, ukuba watsho kubo ngaye u-
Johane umbapitizeshi.
14 Kekaloku bakufika esihlweleni, kweza
kuye umntu eguqa pantsi kuye, esiti no-
kuti: 15 Nkosi! yiba netaru kunyana
wami, ukuba enesatutwane, ebulalekile
kakubi; ngokuba esiwa futi emlilweni,
nafuti emanzini. 16 Ndaza ndamzisa ku-
badisipile bako, bakohlwa ke ukumpilisa.
17 Wapendula u-Yesu wati: Sizukulwana
esingakolwayo esigwenxa! ndobako nani
kude kube ninina? ndoninyamezela kude
kube ninina? mziseni kumi apa. 18 Waza
u-Yesu wayitetisa idemoni, eyapuma kuye;
wati umfana wapiliswa kwa ngeloxeshana.
19 Bandula abadisipile beza ku-Yesu
ngasese, bati: Kunganina ukuba besiko-
hliwe kukuyikupa tina? 20 Wayesiti u-
Yesu kubo: Kungokungakolwa kwenu;
ngokuba ngokwennene ndisiti kuni: xe-
shekweni ninokolo olungangokozo lwem-
bewu yemositade, niya kutsho kulentaba
ukuti: Suka apa uye paya; yaiya kusuka
ke: kanjako akuko 'nto eya kunikohla.
21 Kodwa oluhlobo luyapuma ngokuta-
ndaza nangokuzila ukutya kupela.
22 Kekaloku bakuba bebesahamba e-
Galili, wati u-Yesu kubo: Unyana wesintu
uza kunikelwa ezandhleni zabantu, 23
abaya kumbulala, waeya kuvuswa ngom-
hla wesitatu. Baza baba lusizi kakulu.
24 Bati bakufika e-Kapenayume, beza
abo bayamkelayo imali yetempile ku-
Petrosi, batsho ukuti: Umfundisi wenu
akayinikeli na imali yetempile? 25 Wati:
Ewe. Kekaloku okuya ebengene endhlwi-
ni, u-Yesu wampangela, esiti: Uti nina
wena, Simone? okumkani bomhlaba ba-
mkela kubapina iminikelo nenncamlo?
kubo onyana babo, kubo abasemzini, kusi-
nina? 26 Wati u-Petrosi kuye: Kubo
abasemzini. Wati u-Yesu kuye: Kukona
onyana bakululekile. 27 Kodwa ukuze
singabadubuli, hamba uye elwandhle, u-
pose iqeru, uyibambe inklanzi enyuka
tanci; wauya kuti wakuvula umlomo



University of Fort Hare

wayo, ufumane ishekele: leyo yitabate,
unikele mina nawe kubo.

18 NGELOXESHANA beza abadisipile
ku-Yesu, besiti: Ngubanina ke omkulu
kwabanye ebukumkanini bezulu? 2 Waza
u-Yesu wabiza umntwana, wammisa pakati
kwabo, 3 watsho ukuti: Ngokwennene
nditi kuni: Xeshekweni ningaguqulwanga
naba njengabo abantwana, anisayi kuza
ningene ebukumkanini bezulu. 4 Ngako
osukuba ezitoba njengomntwana lo, nguye
lowo omkulu kwabanye ebukumkanini be-
zulu. 5 Kanjalo osukuba esamkela um-
ntwana onje emnye egameni lami, uya-
mkela mina: 6 kodwa osukuba exakanisa
omnye waba 'bancinane abakolwayo kumi,
kulungele yena ngakumbi, ukuba ilitye
lapezulu lokusila lixònyelwe entanyeni
yake, aze antywiliswe enzulwini yolwa-
ndhle.

7 Kwoba nzima elizweni ngetuba lezi-
xakaniso! ngokuba kufanele ziya kuza
izixakaniso; kodwa kwoba nzima kulo-
wamntu isixakaniso siza ngaye! 8 Ukuba
ngoko isandhla sako umhlaumbi unyawo
lwako luyakuxakanisa, zinqumle, uzilahle
kuwe: kulungele wena ukuba ungene
ebomini usisiqwala, umhlaumbi usisilima,
ngapezu kwokuba uti, unezandhla zibini,
umhlaumbi unennyawo 'mbini, uposwe
emlilweni ongunapakade. 9 Kanjalo u-
kuba iliso lako liyakuxakanisa, lincotule,
ulilahle kuwe: kulungele wena ukuba
ungene ebomini uneliso linye, ngapezu
kwokuba uti, unamehlo mabini, uposwe
esihogweni somlilo.

10 Lumkani ukuba ningadeli namnye
waba 'bancinane; ngokuba ndisiti kuni,
ingelosi zabo ezulwini zimana zibona ubuso
BUKABAWO osezulwini. 11 Ngokuba u-
nyana wesintu weza ukusindisa okulahle-
kileyo. 12 Niti nina ke? Ukuba umntu
uba nekulu legusha, ize ilahleke ennye
kuzo; akati na azishiye ezimashumi alitoba
enesitoba, ahambe aye ezintabeni, ayifune
leyo ilahlekayo? 13 Nokuba kuti ayi-
fumane, ngokwennene nditi kuni, uyavu-
yela yona leyo, ngapezu kwokuba *uyavuy*ela
ezo 'zimashumi alitoba enesitoba zingala-
hlekanga. 14 Kwa njalo asi yintando
yake UYIHLO wenu osezulwini, ukuba ku-
bube omnye waba 'bancinane.

15 Ukuba ke umzalwana wako uyona
ngakuwe, yiya umohlwaye kube pakati
kwako naye yedwa: ukuba uyakuva, uzu-
zile umzalwana wako. 16 Kodwa ukuba
akeva, tabata kunye nawe kanjalo abe
'mnye, umhlaumbi babe babini, ukuze
onke amazwi amiswe ngomlomo wama-
nqìna amabini umhlaumbi amatatu. 17
Ukuba ke uyala ukuva bona, xelela ireme-
nte: kodwa ukuba uyala ukuva neremente,
makabe njengomheyideni nombuti wemini-
kelo kuwe. 18 Ngokwennene nditi kuni:
Into enisukuba nizinxiba emhlabeni, ziya
kunxitywa ezulwini; nento enisukuba ni-
zikulula emhlabeni, ziya kukululwa ezu-
lwini. 19 Kanjako nditi kuni: Ukuba
ababini kuni baya kuvumelana emhlabeni
apa ngayo ennye indawo basukuba becela
yona, iya kwenzelwa bona NGUBAWO osezu-
lwini. 20 Ngokuba apo bahlanganisene
kona ababini umhlaumbi abatatu egameni
lami, ndiko kwa kona pakati kwabo.

21 Wandula weza u-Petrosi kuye, wati:
Nkosi! woba futi kangakananina umza-
lwana wami esona ngakumi, ndimxolele?
kude kube ngamaxesha asixenxe na? 22
Wati u-Yesu kuye: Anditi kuwe, kude
kube ngamaxesha asixenxe, nditi, kude
kube sisixenxe samaxesha angamashumi
asixenxe. 23 Ngako oku ubukumkani be-
zulu bufanekiswa nokumkani otile, owa-
funa ukubuza izicaka zake. 24 Kwati,
akuqala ukubuza, kwaziswa kuye esinye
esinetyala letalente ezilishumi lamawaka.
25 Kekaloku singenanto yokuhlaula nje,
yaxela inkosi yaso ukuba kutengiswe
ngaso, nangomfazi waso, nangabantwana,
nangento zonke sinazo, kuhlaulwe ke. 26
Sandula isicaka eso sawa pantsi, sayibede-
sha, sisiti: Nkosi! kaubeke kade pezu
kwami, ndandiya kuhlaula konke kuwe.
27 Yaza inkosi yesicaka eso yabetwa lusizi,
yasikulula, yasixolela lonke elotyala. 28
Kodwa sakupuma isicaka eso safumanana
nesinye sezizizicaka naso, ebesinetyala
kuso ledenari ezilikulu linye, sasibamba
sasiti rintyi ngomqala, sisiti: Hlaula ityala
lako kumi. 29 Sandula eso sibe sisisicaka
naso sawa pantsi ngasezinnyaweni zaso,
sasibongoza, sisiti: Kaubeke kade pezu
kwami, ndandiya kuhlaula konke kuwe.
30 Asavuma ke; koko saya sasiposela
entolongweni, side sihlaule elotyala. 31
Zati kekaloku ezo zibe zizizicaka naso, za-
kubona oko kwenziweyo, zalusizi kakulu,
zeza zatyela inkosi yazo konke oko
kwenziweyo. 32 Yandula inkosi yaso ya-



University of Fort Hare

sibiza, yati kuso: Sicaka esikohlakeleyo! Ndakuxolela lonke ityala elo, ngokokuba wabundibongoza:
33 bekungafanele nawe na ukuba ube netaru kuso esisisicaka nawe, njengokuba nami bendinetaru kuwe?
34 Yaza yaqumba inkosi yaso, yasinikela kubambeli, side sihlaule lonke ityala laso kuyo.
35 Kwa nje ke NOBAWO wasezulwini uya kwenje njalo kuni, ukuba abazalwana benu anibaxoleli nonke ngabanye ngenkliziyo zenu iziposo zabo.

19 KWAYE kute, xeshekweni abezigqibile u-Yesu iziteto ezi, wesuka e-Galili, weza emideni yase-Judeya, pesheya kwe-Yoredane.
2 Zaza zamlandela izihlwele ezininzi, wabapilisa *abafayo* apo ke.

3 Kweza kuye nabafarisi bemlinga, besiti kuye: Kufanelekile emntwini ukulahla umfazi wake ngennxa yamatuba onke na?
4 Wapendula wati kubo: Anilesehanga na ukuba umdali wabenza kwa sekuqalekeni indoda nomfazi,
5 waza wati: Ngennxa yoku umntu uya kushiya uyise nonina, anamatele emfazini wake, baze abo 'babini babe yinnyama 'nnye?
6 Ngako oko abasebabini, bayinnyama 'nnye. Ngoko ke, oko UTIXO akubandakanyileyo, makungahlulwa 'mntu.
7 Bati kuye: Pofu ibiyinina ukuba u-Mosesi waxelela ukunika innewadi yokwahlukanisa, nokumlahla?
8 Wati kubo: u-Mosesi, ngennxa yobulukuni benkliziyo zenu, wanivumela ukuba nilahle abafazi benu; koko kungabanga njalo kwa sekuqalekeni.
9 Kodwa nditi kuni: Osukuba elahla umfazi wake, engamlahli ngambulo kupela, aze azeke omnye, uyarexeza; nalowo uzeka *umfazi* olahliweyo, uyarexeza *naye*.

10 Bati kuye abadisipile bake: Ukuba iba njalo indawo yomntu kunye nomfazi *wake*, akumlungele ukuzeka.
11 Koko wati kubo: Abalamkeli elilizwi bonke *abantu*; ngabanikiweyo *abalamkelayo* kupela.
12 Ngokuba kuko abatenwa abazelweyo benjalo kwa sesizalweni sonina; kuko nabatenwa, abenziweyo abatenwa ngabantu; kuko nabatenwa, abazenzileyo abatenwa ngennxa yobukumkani bezulu. Ongamkela *oku*, makakwamkele.

13 Kwandula kwaziswa kuye abantwana, ukuze abeke izandhla pezu kwabo, atandaze: bati ke abadisipile babatetisa.
14 Kodwa u-Yesu wati: Vumelani abantwana, ize ningabaleli, ukuza kumi; ngokuba ubukumkani bezulu bubobabanjalo.
15 Waza wabeka izandhla pezu kwabo, wemka apo.

16 Kekaloku bona ke, kweza *umntu* otile wati kuye: Mfundisi olungileyo! yiyipina into elungileyo endiya kuyenza, ukuze ndibe nabo ubomi obungunapakade?
17 Wayesiti kuye: Yinina ukuba uti ndingolungileyo? akuko olungileyo, kupela umnye, ONGUTIXO. Kodwa ukuba unga ungangena ebomini, gcina imiyalelo.
18 Wati kuye: Yipina? Wayesiti u-Yesu: Le *yokuti:* Akuyi kubulala; akuyi kurexeza; akuyi kubà; akuyi kunqìna ubunqìna obubuxoki;
19 beka uyihlo nonyoko; na*lo wokuti:* Uya kutanda ummelwane wako njengokuzi*tanda* kwako.
20 Yati kuye indodana leyo: Zonke ezizinto ndizibambile kwa sebutsheni bami; ndisaswele 'nto nina?
21 Wati u-Yesu kuyo: Ukuba unga ungaba ufezekile, hamba, uye utengise ngempahla yako, upe amahlwempu, wauya kuba nendyebo ezulwini; uze ke, ulandele mina.
22 Yati ke indodana leyo yakuva elozwi, yemka ilusizi; ngokuba ibe inazo imfuyo ezinninzi.

23 Waza u-Yesu wati kubadisipile bake: Ngokwennene nditi kuni: Kunqabile kwisityebi ukuba singene ebukumkanini bezulu.
24 Kananjalo nditi kuni: Kulula ukuba inkamela ipumele entunjeni yesinalite, pezu kwokuba isityebi singene ebukumkanini BUKATIXO.
25 Bati ke bakuva abadisipile bake, bamangaliswa kakulu, besiti: Ngubanina pofu ongasindiswayo?
26 Koko u-Yesu ebakangele wati kubo: Ebantwini lento ayenzeki, kodwa KUTIXO zonke izinto ziyenzeka.

27 Wandula wapendula u-Petrosi wati kuye: Bona ke, tina sikushiyile konke, salandela wena; sesiya kuba nanto nina ke?
28 Wayesiti u-Yesu kubo: Ngokwennene nditi kuni: Nina nindilandeleyo, ekudalweni okutsha, xeshekweni ahleli unyana wesintu pezu kweterone yobungcwalisa bake, niya kuhlala nani pezu kweterone ezilishumi linambini, nigweba izizwe ezilishumi linazibini zo-Sirayeli.
29 Nabo bonke abashiyileyo izindhlu, umhlaumbi abaninawe, umhlaumbi odade, umhlaumbi uyise, umhlaumbi unina, umhlaumbi umfazi, umhlaumbi abantwana, umhlaumbi amasimi, ngennxa yegama lami, baya kwamkela ngekulu, balidhle



University of Fort Hare

ilifa lobomi obungunapakade. 30 Kodwa
baninzi abangabokuqala abaya kuba nga-
bokugqibela, nabangabokugqibela *abaya
kuba* ngabokuqala.

20 Ngokuba ubukumkani bezulu bufana
nomntu ongumninindhlu, owapumayo
kunye nokusa ukuya kuqesha abasebenzi
baye esitiyeni sake. 2 Wati akuba evu-
melene nabasebenzi *basebenz*ele idenari
ngemmini 'nnye, wabatuma esitiyeni sake.
3 Waza wapuma ngeyure yesitatu, wabona
abanye bemi endaweni yentengo benge-
namsebenzi, 4 wati nakwabo: Hambani
nani niye esitiyeni *sami*, nento esukuba
ifanelekile ndoyinika kuni. Bemka baya
ke. 5 Wabuya wapuma ngeyesitandatu
nangeyesitoba iyure, wenza kwa ngoku-
njalo. 6 Wapuma nangeyure yeshumi
elinannye, wafumana abanye bemi benge-
namsebenzi, wati kubo: Yinina ukuba
nimi apa lemmini yonke ningenamsebenzi.
7 Bati kuye: Ngokuba kungeko 'mntu
osiqeshileyo. Wati kubo: Hambani nani
niye esitiyeni *sami*, nento esukuba ifanele-
kile niya kuyamkela. 8 Kekaloku kwa-
kuhlwa, wati umninisitiya kwigosa lake:
Biza abasebenzi, ubamkelise umvuzo *wabo*,
uqala ngabokugqibela ude ufike kwaboku-
qala. 9 Bati bakuza abo *babeqeshiwe* nge-
yuro yeshumi elinannye, bayamkela nga-
banye idenari. 10 Koko bakuza aboku-
qala, baba baya kwamkela into epezulu;
baza nabo bayamkela ngabanye idenari.
11 Bati bakwamkela, barora ngakumnini-
ndhlu, 12 besiti: Aba 'bangabokugqibela
basebenza iyure yannye *kupela*, kanti uba-
linganisile nati nje, esatwalayo ubunzima
bemmini nobushushu obutshisayo. 13
Koko wapendula wati kwomnye wabo:
Sihlobo! andikwoni ke; ubungavumela-
nanga nami *ukusebenz*ela idenari na? 14
Pata okukokwako uhambe: nditanda uku-
nika nakuló wokugqibela njengoko *ndinika*
ngako nakuwe. 15 Akundifanele na ukuba
ndenze oko ndikwenzayo ngezami izinto?
Iliso lako likohlakele na, ngokuba ndi-
lungile mina? 16 Kwa njalo ke aboku-
gqibela boba ngabokuqala, nabokuqala
*boba* ngabokugqibela; ngokuba bebaninzi
ababiziweyo, koko bebancinane abaqashi-
weyo.

17 KEKALOKU u-Yesu, enyukela e-Ye-
rusaleme, watabata abadisipile abalishumi
linababini ngasese endhleleni, wati kubo:
18 Bona ke, siyanyukela e-Yerusaleme,
waeya kuti unyana wesintu anikelwe
kubo abaperisite abakulu nababàli; abaya
kumgweba ukuba afe, 19 bamnikele ku-
baheyideni ahlekwe, abetwe, akuruseshwe;
woti ngomhla wesitatu abuye avuke.

20 Wandula weza kuye unina bonyana
baka-Zebedi kunye nonyana bake, ebe-
desha, ecela into etile kuye. 21 Wayesiti
kuye: Unga ungaba nanto nina? Wati
kuye: Xela ukuba aba onyana bami aba-
bini bahlale, omnye abe ngasekunene
kuwe, omnye abe ngasekohlo, ebukumka-
nini bako. 22 Koko wapendula u-Yesu
wati: Aniyazi into eniyicelayo. Ningasela
na endebeni endiza kusela kuyo mina?
nobapitizesho endibapitizeshwa ngalo
mina, ningabapitizeshwa ngalo na? Bati
kuye: Singenje njalo. 23 Waza wati
kubo: Indebe yami okunene niya ku-
sela kuyo, nobapitizesho endibapitizeshwa
ngalo mina, niya kubapitizeshwa ngalo;
kodwa ukuhlala ngasekunene kumi na-
ngasekohlo kumi asi kuko okwami ukupa,
kupela *ukupa* abo balungiselwe kona NGU-
BAWO.

24 Baza bati abalishumi bakuva *oku*,
baqumbela abobazalwana babini kakulu.
25 Koko u-Yesu wababiza wati: Niyazi
ukuba inkosi zabaheyideni ziyabapata ngo-
bukosi, nokuba abakulu bayenza ngegunya
pezu kwabo. 26 Kodwa akuyi kuba njalo
pakati kwenu; koko osukuba efuna ukuba
mkulu pakati kwenu, makabe ngumkonzi
wenu; 27 nosukuba efuna ukuba ngowo-
kuqala pakati kwenu, makabe sisicaka
senu: 28 njengokuba unyana wesintu ebe-
ngezanga ukuza kukonzwa, koko *weza*
ukukonza, nokunika ubomi bake bube
yinklaulelo yabaninzi.

29 Kwati nxa bebepuma e-Jeriko, wa-
landelwa sisihlwele esikulu. 30 Kekaloku
bona ke, imfama ezimbini zihleli ngasen-
dhleleni, zakuva ukuba u-Yesu uyadhlula,
zadanduluka, zisiti: Yiba netaru kuti,
Nkosi, nyana ka-Davide! 31 Koko isi-
hlwele saziyala, ukuba maziti tu: kodwa
zazidanduluka kakulu ngakumbi, zisiti:
Yiba netaru kuti, Nkosi, nyana ka-Davide!
32 Waza wema u-Yesu wazibiza, wati:
Ninga ndingenza 'nto nina kuni? 33 Zati
kuye: Nkosi! singa angavulwa amehlo etu.
34 Wabetwa lusizi ke u-Yesu, wacuku-
misa amehlo azo; ati kwa oko aba noku-
bona amehlo azo, zamlandela ke.



University of Fort Hare

21 KEKALOKU xeshekweni babesondele
e-Yerusaleme, bese befikile e-Betefage
ngasentabeni yeminquma, wandula u-Yesu
watuma abadisipile ababini, 2 esiti kubo:
Hambani niye emzini omalungana nani;
nose nifumana ke iqwarashe libotshelelwe,
netole ndawonye nalo; *wa*kululeni ni*wa*-
zise kumi. 3 Nokuba umntu uyateta into
kuni, niya kutsho ukuti: Inkosi iyawa-
funa; wosel' ewatuma ke.
4 (Kekaloku oku konke kwenzekile,
ukuze kuzaliseke oko kwatetwayo ngum-
profite, esiti: 5 Yitshoni kwintombi yase-
Ziyone: Bona ke, ukumkani wako uyeza
kuwe; elulamile, ekwele eqwarasheni, kwa
seqwarashaneni elilitole leqwarashekazi.)
6 Bahamba ke abadisipile, benza kwa
njengokuba bebeyalelwe ngu-Yesu, 7 ba-
zisa iqwarashe netole, babeka ingubo zabo
pezu kwawo, bamhlalisa pezu kwazo. 8
Bati abaninzi kakulu besihlwele bandhlala
ingubo zabo endhleleni; bebesiti abanye
bagaula amasebe emitini, bawandhlala
endhleleni. 9 Zaza izihlwele ezibe zi-
hamba pambili, nezo zibe zilandela, za-
danduluka, zisiti: Hosana kuye unyana
ka-Davide! Makatanyusanqeliswe ozayo
egameni LIKAYEHOVA! Hosana ennya-
ngweni yapezulu!
10 Kekaloku akungena e-Yerusaleme,
sapitizeliswa sonke isixeko, sisiti: Ungu-
banina lo? 11 Zaye izihlwele zisiti: Lo
ungu-Yesu umprofite, owase-Nazarete yase-
Galili.
12 Waza u-Yesu wangena etempileni
KATIXO, wabagxota bonke ababetengela na-
babetenga etempileni, wazipenula itafile
zabananeli bemali, nezihlalo zababetengisa
ngamahobe, 13 wati kubo: Kubàliwe *ngo-
kuti*: Indhlu yami iya kubizwa ngokuti
yindhlu yokutandaza; kanti nina niye-
nzile umqolomba wamabada.
14 Kwaye kusiza kuye imfama nezi-
qwala etempileni *apo*: wazipilisa ke.
15 Kekaloku abaperisite abakulu naba-
bàli bakubona imimangaliso wayenzayo,
nabantwana bedanduluka etempileni, besiti
nokuti: Hosana kuye unyana ka-Davide!
baqumba kunene, 16 bati kuye: Uyeva na
into abayitetayo aba? Wayesiti u-Yesu
kubo: Ewe; anizanga nileseshe na ukuti:
Ngomlomo wentsana nabanyayo umisile
udumiso? 17 Waza wabashiya, wapuma
esixekweni waya e-Betaniya, walalisa
kona.
18 Kekaloku kwakusa, xa abebuyela
esixekweni, walamba. 19 Wati akubona
umkiwane otile ngasendhleleni, weza nga-
kuwo; kuloko engafumananga 'nto kuwo,
kupela amagqabi odwa: waza wati kuwo:
Makungabi savela isiqamo kuwe kude
kube ngunapakade. Wahla wabuna ka-
msinya umkiwane lowo. 20 Baza abadi-
sipile, bakubona *oko*, bati nqa, besiti: Hai
umkiwane ukubuna kamsinya kangaka-
nana! 21 Koko wapendula u-Yesu wati
kubo: Ngokwennene nditi kuni: Ukuba
ninalo ukolo, ningatandabuzi, aniyi ku-
yenza lento yomkiwane yodwa, koko
nokuba niti kulentaba: Yiba ususwa,
uposelwe elwandhle; kuya kwenzeka. 22
Nento zonke enisukuba niziccela ekutanda-
zeni, nikolwa, niya kuzamkela.
23 Kekaloku akungena etempileni,
kweza kuye, xa afundisayo, abaperisite
abakulu nabadala babantu, besiti: Uzenza
ezizinto ngegunya lanina? kanjalo nguba-
nina owanika eligunya kuwe? 24 Koko
wapendula u-Yesu wati kubo: Nami ndo-
buza kuni indawo ibe 'nnye, endiya kuti,
nxa nindixelele yona, ndandul' ukunixelela
nami kungelanina igunya endizenza ezi-
zinto: 25 Ubapitizesho luka-Johane belu-
vela pina? ezulwini, ebantwini, kusinina?
Baza babuzana bodwa, besiti: Ukuba siti:
Ezulwini; woti kuti: Kunganina pofu
ukuba anikolwanga nguye? 26 Kodwa
ukuba siti: Ebantwini; siyoyika isihlwele;
ngokuba bonke bebala u-Johane ukuba
ngumprofite. 27 Baza bapendula ku-
Yesu bati: Asazi. Wati kubo naye:
Nami andixeleli nina kungelanina igunya
endizenza ezizinto.
28 Kodwa niti nina ke? Umntu *otile*
wabenonyana ababini; weza kowokuqala,
wati: Nyana! yiya usebenze namhla esi-
tiyeni sami. 29 Koko wapendula wati:
Andivumi; kodwa kamva waguquka, waya.
30 Weza nakowesibini, watsho ngokunjalo.
Waza wapendula wati: Nanku ndi*siya*,
nkosi! kanti akaya. 31 Nguwupina kwabo
'babini owenza intando kayise? Bati
kuye: Ngowokuqala. Wati kubo u-Yesu:
Ngokwennene nditi kuni: Ababuti bemi-
nikelo nabapinyiswa bayanipangela uku-
ngena ebukumkanini BUKATIXO. 32 Ngo-
kuba u-Johane weza kuni endhleleni yo-
bulungisa, kanti anakolwa nguye; ko-
dwa ababuti bemininikelo nabapinyiswa
bakolwa nguye: nati ke nina nakubona





University of Fort Hare

*oko*, anaguquka kamva, nize nikolwe
nguye.
33 Omnye umzekeliso wuveni. Bekuko
umnininindhlu otile, owatyala isitiya, wa-
sibiyela ngotango, wembela kuso isincine-
zelo seveyine, waka innqaba, wasiqeshisela
kubalimi, waza wahambela kwelinye ili-
zwe. 34 Kwati kwakuba kufupi ixesha
leziqamo, watuma izicaka zake kubalimi,
ukuya kwamkela iziqamo zake. 35 Baza
abalimi batabata izicaka zake, bati ke
esinye basityabula, nesinye basibulala, ne-
sinye basigibisela ngamatye. 36 Wabuya
watuma ezinye izicaka, zizininzi kwezoku-
qala: benza nakuzo ngokunjalo. 37 Wada
wati kamva watuma kubo unyana wake,
esiti: Baya kumhlonela unyana wami.
38 Kodwa abalimi, bakubona unyana,
batsho pakati kwabo ukuti: Lo uyindhla-
lifa; yizani, masimbulale, size sibambe
ilifa lake. 39 Baza bamtabata, bamkupela
ngapandhle kwesitiya, bambulala. 40
Ngako xeshekweni afikileyo umninisitiya,
uya kwenza 'nto nina kubalimi abo? 41
Bati kuye: Abo*bantu* bakohlakeleyo woba-
tshabalalisa kakubi; nesitiya eso wosiqe-
shisela kwabanye abalimi, abaya kuma-
mkelisa iziqamo ngamaxesha azo. 42
Wati kubo u-Yesu: Anizanga nileseshe
ezibàlweni na *ukuti:* Ilitye babelilahlile
abaki, elona laba yinkloko yegumbi; be-
kukukwenza KUKAYEHOVA oku, kungum-
mangaliso ke emehlweni etu? 43 Ngako
oko nditi kuni: Ubukumkani BUKATIXO
buya kususwa kuni, bupiwe uhlanga olu-
velisa iziqamo zabo. 44 Nowayo pezu
kwelilitye, uya kutyunyuzwa; kodwa
lowo liwa pezu kwake, liya kumti viti.
45 Baza abaperisite abakulu nabafarisi,
bakuba bevile imizekeliso yake, banakana
ukuba uteta ngabo. 46 Bati bakufuna
ukumbamba, bazoyika izihlwele, ngoko-
kuba zibe zimbala ukuba ngumprofite.

22 WAZA wapendula u-Yesu wabuya
wateta kubo ngemizekeliso, esiti:
2 Ubukumkani bezulu bufanekiswa noku-
mkani otile owamenzela umtshato unyana
wake; 3 waza watuma izicaka zake ukuya
kubiza abamenyiweyo beze emtshatweni;
abavumanga ukuza ke. 4 Wabuya watuma
ezinye izicaka, esiti: Yitshoni kwabame-
nyiweyo ukuti: Bona ke, isidhlo sami ndi-
silungisile, inkabi zami 'nenkomo zami
ezityetyisiweyo zixèliwe, ewe, konke seku-
lungisiwe; yizani emtshatweni. 5 Kodwa
bona bengakatalanga bemka, omnye ukuya
entsimini yake, omnye ukuya entengweni
yake: 6 bati abaseleyo babamba izicaka
zake, bazipata kakubi, bazibulala. 7 Waza
ukumkani, akuva *oko*, waqumba, watuma
imikosi yake, watshabalalisa ababulali abo,
nesixeko sabo wasitshisa ngomlilo. 8 Wa-
ndula wati ezicakeni zake: Umtshato ke
seulungisiwe, kodwa abamenyiweyo bebe-
ngafanelekile; 9 hambani ngoko niye eku-
hlanganeni kwendhlela, niti abo nisukuba
nibafumana, nibabize beze emtshatweni.
10 Zapuma ke izicaka ezo zaya ezindhle-
leni, zabuta bonke ezabafumanayo, naba-
kohlakeleyo nabalungileyo; yaza *indawo*
yom shato yazaliswa ngabahleli ekutyeni.
11 Kekaloku akungena ukumkani ukuza
kubonela abahleli ekutyeni, wabona apo
umntu ongavatanga isivato somtshato; 12
waza wati kuye: Sihlobo! ute nina uku-
ngena apa ungenaso isivato somtshato?
Wati ewaka ke. 13 Wandula wati uku-
mkani ebakonzini bake: Mbopeni iza-
ndhla nennyawo, nimsuse, nimkupele ebu-
mnyameni bangapandhle: apo kwobako
ukulila, nokuqaqazela kwamazinyo. 14
Ngokuba bebaninzi ababiziweyo, koko be-
bancinane abaqashiweyo.
15 Bandula abafarisi baya bacebisana
ukuba bangati nina ukumtiyela ekuteteni.
16 Baza batuma kuye abadisipile babo
kunye nabaherodi, besiti: Mfundisi! siyazi
ukuba uyinnene, ufundisa indhlela KATIXO
ngokwennyaniso, ungakatali ngumntu:
ngokuba ungabuki ubuso babantu: 17 si-
xelele ngoko, ukuba uti nina wena? kufa-
nelekile ukunika umnikelo ku-Kesare,
aku*fanelekile*, kusinina? 18 Kodwa u-Yesu
wanakana inkohlakalo yabo, wati: Yinina
ukuba nindilinge, zihanahanisindini? 19
ndiboniseni iqosha lomnikelo. Bamzisela
idenari ke. 20 Waza wati kubo: Ngo-
kabanina lomfanekiso nesibàlwa? 21 Bati
kuye: Ngoka-Kesare. Wandula wati kubo:
Nikelani ngoko izinto zika-Kesare kuye
u-Kesare, nezinto ZIKATIXO kuye UTIXO.
22 Bati bakuva bati nqa; baza bamshiya
bemka.
23 Ngaleyommini kweza kuye abasadusi,
abati akuko 'luvuko, bambuza, 24 besiti:
Mfundisi! u-Mosesi watsho ukuti: Xeshe-
kweni kufayo umntu engenabantwana, uya
kuti umninawe wake atshate nomfazi wake,
amvusele umkuluwe wake inzalo. 25 Ke-



University of Fort Hare

kaloku bekuko kuti abazalwana abasixe-
nxe: waza owokuqala wazeka wabuba;
wati engenanzalo, wamshiyela kumninawe
wake umfazi wake. 26 Wenje njalo nowe-
sibini, nowesitatu, kwada kwaba ngowesi-
xenxe. 27 Wati emveni kwabo bonke
wafa nomfazi. 28 Ngako eluvukweni,
woba ngumfazi wawupina kwabo 'basixe-
nxe? ngokuba bonke bebenaye. 29 Waza
wapendula u-Yesu wati kubo: Niyaposisa,
ningazi nje izibàlo, kwa namandhla KA-
TIXO: 30 ngokuba eluvukweni bengazeki,
bengendiswa kanjako, koko benjengenge-
losi ZIKATIXO ezulwini. 31 Kodwa ngako
ukuvuka kwabafileyo, anikuleseshanga na
oko kwatetwayo kuni NGUTIXO, esiti: 32
Mina ndinguye UTIXO ka-Abrahame, NOTIXO
ka-Yisake, NOTIXO ka-Yakobi? UTIXO aka-
NGUTIXO wabafileyo, ungowabahleliyo. 33
Zati zakuva izihlwele, zamangaliswa pezu
kwesifundiso sake.

34 Kekaloku abafarisi, bakuva ukuba
ubate cwaka abasadusi, bahlanganisana
ndawonye. 35 Waza wabuza omnye wa-
kubo *oben*gumqondisimteto, emlinga, esiti
nokuti: 36 Mfundisi! owona 'myalelo
umkulu emtetweni nguwupina? 37 Wa-
yesiti u-Yesu kuye: *Ngowokuti:* Uya kum-
tanda UYEHOVA, UTIXO wako, ngayo yonke
inkliziyo yako, nangawo wonke umpefumlo
wako, nangayo yonke ingqondo yako. 38
Nguwo lo owokuqala nomkulu umyalelo.
39 Nowesibini ufana nawo, *ungowokuti:*
Uya kutanda ummelwane wako njengoku-
zi*tanda* kwako. 40 Kulemiyalelo mibini
kuyaxòmeka wonke umteto nabaprofite.

41 Kekaloku abafarisi behlanganisene
nje, wababuza u-Yesu, 42 esiti: Niti nina
ke ngaye u-Krestu? ungunyana kabanina?
Bati kuye: Ngoka-Davide. 43 Wati kubo:
Uti nina pofu u-Davide NGOMOYA ukumbiza
NGENKOSI, esiti: 44 Wati UYEHOVA KWINKOSI
yami: Hlala ngasekunene kumi, ndide
ndenze intshaba zako zibe sisitulo sen-
nyawo zako? 45 Ukuba ngoko u-Davide
uyambiza NGENKOSI, uti nina ukuba ngu-
nyana wake?

46 Kwaye kungeko namnye ongampe-
ndulayo ngazwi: kanjako kuselokwa lam-
mini akwabi sabiko 'mntu onokukalipa
kwokumbuza 'nto.

23 WANDULA u-Yesu wateta kwizi-
hlwele nakubadisipile bake, 2 esiti:
Ababàli nabafarisi bayahlala esihlalweni
sika-Mosesi: 3 ngako zonke izinto abasu-
kuba benixelela ukuba nizigcine, zigcineni
nizenze; kodwa ningenzi ngayo imisebenzi
yabo; ngokuba beteta, kanti abenzi. 4
Ngokuba bebopa imitwalo enzima esindayo,
bayibeke emagxalabeni abantu; kodwa
abavumi nokuyishukumisa ngomnwe wabo.
5 Kanjalo yonke imisebenzi yabo baya-
yenza ngokunga bangabonelwa ngabantu:
bayenza zibanzi izibotshana zabo zokuku-
mbuza, nemiqukumbelo yengubo zabo ba-
yayenza mikulu; 6 bayatanda indawo zo-
bukulu ezidhlweni, nezihlalo zapambili
ezindhlwini zenklanganiso, 7 nezibuliso
ezindaweni zentengo, nokubizwa ngabantu
ngokutiwa, Rabi, Rabi! 8 Kodwa nina
maningabizwa ngokutiwa, Rabi! ngokuba
emnye umpati wenu, u-Krestu; nani ninga-
bazalwana nonke. 9 Kanjalo maningabizi
'*mntu* ngokuti unguyihlo emhlabeni apa;
ngokuba emnye uyihlo, lowo usezulwini.
10 Maniti kanjako ningabizwa ngokutiwa
ningabapati; ngokuba emnye umpati wenu,
u-Krestu. 11 Omkulu pakati kwenu makabe
ngumkonzi wenu. 12 Oya kuzipakamisa,
uya kutotywa; noya kuzitoba, uya kupa-
kanyiswa.

13 Kwoba nzima kuni, babàli nabafarisi,
zihanahanisi! ukuba nivalela abantu ubu-
kumkani bezulu: ngokuba ningangeni
nina, nabangenayo ningabavumeli ukuba
bangene.

14 Kwoba nzima kuni, babàli nabafarisi,
zihanahanisi! ukuba nisidhla izindhlu za-
bahlolokazi, nisenza nemitandazo emide
ngokuzenzisa: ngako oku niya kwamkela
ukugwetywa okukulu ngakumbi.

15 Kwoba nzima kuni, babàli nabafarisi,
zihanahanisi! ukuba nijikajikela ulwandhle
n*omhlaba* owomileyo, ukuze nenze libe linye
ikolwa lobujuda, eniti, lakuba njalo, ni-
lenze umntwana wesihogo *somlilo* ngento
epindiweyo kabini ngapezu kwenu.

16 Kwoba nzima kuni, bakokeli aba-
zimfama! eniti: Osukuba efunga itempile,
asi 'nto yanto; kodwa osukuba efunga igo-
lide yetempile, ufanelwe *kukufeza.* 17 *Nina*
'bazidenge nemfama! ngokuba yiyipina
enkulu, yigolide, yitempile eyingcwalisayo
igolide, kusinina? 18 *Eniti* kanjalo: Osu-
kuba efunga isibingelo, asi 'nto yanto; ko-
dwa osukuba efunga umnikelo opezu kwaso,
ufanelwe *kukufeza.* 19 *Nina* 'bazidenge
nemfama! ngokuba yiyipina *into* enkulu,
ngumnikelo, sisibingelo esiwungcwalisayo



University of Fort Hare

umnikelo, kusinina? 20 Ngako ofungayo
isibingelo, uyafunga sona nento zonke ezi-
pezu kwaso: 21 nofungayo itempile, uya-
funga yona nalowo umiyo kuyo: 22 nofu-
ngayo izulu, uyafunga iterone KATIXO na-
lowo uhleli pezu kwayo.
23 Kwoba nzima kuni, babàli nabafarisi,
zihanahanisi! ukuba ninika izishumi ze-
tyeleba, nezedile, nezekumine, kanti nizi-
yekile *indawo* ezinkulu zomteto, ubugwebo,
nobubele, nokolo: bekufanele ezi ukuba
zenzwe, neziya ukuba zingayekwa. 24
Bakokeli abazimfama, abayihluzayo imbu-
zane, bayiginye inkamela!
25 Kwoba nzima kuni, babàli nabafa-
risi, zihanahanisi! ukuba nihlambulula
indebe nesitya ngapandhle, kanti ngapakati
zizele bubupanga nobuncwangu. 26 Fa-
risindini oyimfama! hlambulula tanci oku-
pakati kwendebe nesitya, ukuze kuti noku-
pandhle kwazo kube kuhlambulukile.
27 Kwoba nzima kuni, babàli nabafarisi,
zihanahanisi! ukuba nifana namancwaba
aqatyiweyo ngobumhlope, ati ngapandhle
ke abonakale emahle, kodwa ngapakati
azele ngamatambo abafileyo nakuko konke
ukuncola. 28 Kwa njalo nani niti ngapa-
ndhle ke nibonakale ebantwini nilungile,
kodwa ngapakati nizele luhanahaniso na-
kokungalungileyo.
29 Kwoba nzima kuni, babàli nabafarisi,
zihanahanisi! ukuba nibuya nake ama-
ncwaba abaprofite, nihombe amancwaba
abalungileyo, 30 niti: Ukuba besiko emi-
hleni yobawo betu, ngesingabi nabuko-
lwane nabo egazini lababprofite. 31 Kwa
njalo ke niyazinqìnela ngokwenu, ukuba
nilusapo lwabo babulalayo abaprofite. 32
Nani zalisani isilinganiso soyihlo benu. 33
Zinnyokandini, sizukulwana samaramba!
ningati nina ukusinda emgwetyweni wesi-
hogo *somlilo?*
34 Ngako oko, bona ke, ndiyatuma kuni
abaprofite, nezilumko, nababàli: naniya
kuti *innxennye* kubo nibabulale nibakuru-
seshe, niti *innxennye* kubo nibabete ezin-
dhlwini zenklanganiso zenu, nibatshu-
tshise kwisixeko ngesixeko; 35 ukuba kuze
pezu kwenu lonke igazi elilungileyo lipala-
zwa emhlabeni, *kutabata* egazini lika-Abele
olungileyo, kude kube segazini lika-Zeka-
riya unyana ka-Berekiya, lowo nambulalayo
pakati kwendawo eyingcwele nesibingelo.
36 Ngokwennene nditi kuni: Ziya kuza
zonke ezizinto pezu kwesisizukulwana.
37 Yerusaleme, Yerusaleme, ebabula-
layo abaprofite, ebagibisela ngamatye abo
batunyiweyo kuyo! kufuti kangakananina
ebendifuna ukulubutela ndawonye usapo
lwako, njengokuba inkukukazi iwabutela
ndawonye amatole ayo ngapantsi kwama-
piko, anavuma ke! 38 Bona ke, niyashi-
yelwa indhlu yenu icitakele. 39 Ngokuba
ndisiti kuni: Anisayi kundibona emveni
kwoku, nide niti: Makatanyusanqeliswe
ozayo egameni LIKAYEHOVA.

24 KEKALOKU epumile nje u-Yesu,
ebemka etempileni: baza abadisipile
bake beza *kuye* ukuba bambonise izakiwo
zetempile. 2 Wayesiti u-Yesu kubo: Ani-
ziboni na zonke ezizinto? ngokwennene
nditi kuni: Akuyi kushiywa apa elinye
ilitye pezu kwelinye, elingayi kuwiswa
pantsi.
3 Kekaloku nxa abehleli pezu kwen-
taba yeminquma, beza kuye abadisipile
ngasese, besiti: Sixelele, zobako ninina
ezizinto? kanjalo *woba* yinto nina umqo-
ndiso wokufika kwako, nowokugqityelwa
kwelizwe elikoyo?
4 Waza wapendula u-Yesu wati kubo:
Lumkani, ize ningalahlekiswa 'muntu. 5
Ngokuba abaninzi beya kuza egameni lami,
besiti: Mina ndinguye u-Krestu; baze ba-
lahlekise abaninzi. 6 Naniya kuba nisiva
imfazwe, namare emfazwe: lumkani, ize
ningabi navuso; ngokuba zonke *ezizinto*
zifanele ukuhla; kodwa ukupela akuka-
biko. 7 Ngokuba uhlanga luya kuvukela
uhlanga, nobukumkani *buya kuvuk*ela ubu-
kumkani; zaziya kubako indhlala, nezifo
ezibubisayo, nezingcangcazelo zomhlaba
ngendawo ngendawo. 8 Zonke ezizinto ke
zisisiqalo seunimba. 9 Oko niya kunike-
lwa ekubandezelweni, nibulawe nokubu-
lawa; naniya kutiywa zinklanga zonke
ngennxa yegama lami. 10 Kanjalo oko
baya kuxakaniswa abaninzi, bangcatshane,
batiyane. 11 Baye abaprofite ababuxoki
abaninzi beya kuvuka, balahlekise *abantu*
abaninzi. 12 Kuze kuti ngennxa yokwa-
ndiswa kwokungalungileyo, kupole utando
lwabaninzi. 13 Kodwa onyamezelayo
kude kube sekupeleni, oyena uya kusindi-
swa. 14 Yaiya kuti levangeli yobukumkani
ishunyayelwe kulo lonke ilizwe, ibe sisi-
nqìno kuzo zonke inklanga; kwandul' uku-
fika ukupela oko ke.
15 Ngako xeshekweni niyibonayo into



University of Fort Hare

ezondekileyo yokucitakalisa, ekwatetwa
ngayo ngu-Danyeli umprofite, imi enda-
weni engcwele; (oleseshayo makaqonde;)
16 mabati oko abo base-Judeya basabele
ezintabeni: 17 lowo upezu kwentungo
*yendhlu* makangehli ukuya kususa into
endhlwini yake; 18 nalowo usentsimini
makangabuyeli emva ukuya kususa ingubo
zake.

19 Hai kodwa ubunzima babo abamitiyo
nabanyisayo kuleyomihla! 20 Tandazani
ke ukuba mayingabiko intsabo yenu ebu-
sika, nangemmini yesabata: 21 ngokuba
kuya kubako oko imbandezelo enkulu,
ekungabangako enjalo kwa sekuqale-
keni kwelizwe kwada kwakaloku, neku-
ngayi kuza kubeko *enjalo*. 22 Kanjako
ukuba ibingancitshiswanga imihla leyo,
bekungayi kusindiswa namnye umntu;
kodwa ngenxa yabaqashwa imihla leyo
iya kuncitshiswa.

23 Zeniti oko, ukuba umntu utsho kuni
ukuti: Nanku apa u-Krestu; umhlaumbi
*ukuti: Nanku* paya; ningakolwa ke. 24
Ngokuba kuya kuvuka okrestu ababuxoki,
nabaprofite ababuxoki, babeya kubona-
kalisa imiqondiso emikulu nemimangaliso,
ukuze bati, ukuba kungenzeka, balahlekise
kwa nabaqashwa. 25 Bona ke, ndinixelele
ngapambili. 26 Ngako ukuba batsho kuni
ukuti: Nanku esenklango; ningapumi
ke: *nokuba bati:* Nanku ezinkambilini;
ningakolwa ke. 27 Ngokuba, kwa nje-
ngokuba ukubaneka kuvela empumalanga,
kukanye kude kube sentshonalanga, kuya
kuba njalo nokufika kwonyana wesintu. 28
Ngokuba apo sisukuba sikona isidumbu,
kulapo aya kubutelana kona amaxalanga.

29 Kwohla kuti ke emveni kwembande-
zelo yemihla leyo, ilanga liya kwenziwa
mnyama, nenyanga ayiyi kunika ukuka-
nya kwayo, nenkwenkwezi ziya kuwa ezu-
lwini, namandhla amazulu aya kuzanyaza-
nyiswa: 30 kwandul' ukubonakala umqo-
ndiso wonyana wesintu ezulwini; zandul'
ukwenza isijwili zonke izizwe zomhlaba,
zibone nokubona unyana wesintu, esiza
emafini ezulu, enamandhla nobungcwalisa
obukulu. 31 Waeya kutuma ingelosi zake
nenklokoma enkulu yexilongo, eziya kubu-
tela ndawonye abaqashwa bake bevela emi-
moyeni yomine, kw*enye* incame yezulu
kude kube kw*enye* incame yalo.

32 Kanifunde umzekeliso ngomkiwane:
Xeshekweni isebe lawo lise litambile, lipu-
ma amagqabi, niyazi ukuba likufupi ihlobo:
33 kwa njalo nani, xeshekweni nibona
zonke ezizinto, yazini ukuba kukufupi *oko*
ngasemnyango. 34 Ngokwennene nditi
kuni: Asiyi kuza sidhlule isizukulwana
esi, zonke ezizinto zingekenzekanga. 35
Kwodhlula izulu nomhlaba; kodwa ama-
zwi ami akayi kuza adhlule.

36 Kodwa akuko 'mntu owaziyo ngayo
leyommini neyure; *azazi* nengelosi zezulu;
NGUBAWO yedwa *owaziyo* kupela. 37 Kodwa
njengokuba *ibinjalo* imihla ka-Nowa, kwoba
njalo nokufika kwonyana wesintu. 38 Ngo-
kuba, kwa njengokuba bebesiti emihleni
ungekabiko umsingakazi, badhla basela
nokusela, bazeka bendisa nokwendisa,
kwada kwaba ngumhla u-Nowa wangena
ngawo enuqanaweni. 39 bengaqondanga ke
kwada kweza umsingakazi wabakukulisa
kwa bonke, kuya kuba njalo nokufika kwo-
nyana wesintu. 40 Oko *amadoda* amabini
obako entsimini; iti enye itatyatwe, iti
enye ishiywe. 41 *Abafazi* ababini boba
besila etyeni lokusila; ati omnye atatya-
twe, ati omnye ashiywe.

42 Lindani ke ngoko; ngokuba ningazi
yiyipina iyure INKOSI yenu iza ngayo. 43
Kodwa qondani oku, ukuba umninindhlu
ebesazi lilipina ivarasho isela liza ngalo,
ange elinda, angavumeli ukuba igqotyozwe
indhlu yake. 44 Ngako oko nani yibani
nilungile; ngokuba ngeyure eningayiku-
mbuleliyo unyana wesintu esiza. 45 Ngu-
banina ke esosicaka sinyanisekileyo nesi-
lumkileyo, eyati inkosi yaso yasimisela
pezu kwabendhlu yayo, ukuba sibanike
ukudhla ngexesha elifanelekileyo? 46 Si-
netamsanqa isicaka eso, iya kuti inkosi
yaso, yakufika, isifumane sisenje njalo. 47
Ngokwennene nditi kuni: Iya kusimisela
pezu kwayo yonke impahla yayo. 48 Ko-
dwa xeshekweni esosicaka esikohlakeleyo
siti enkliziyweni yaso: Inkosi yami iyali-
bala ukuza; 49 size siqale ukubeta abazi-
zicaka naso, nokutya nokusela kunye naba-
nxilayo; 50 yofika inkosi yesicaka eso
ngemmini esingayikangeliyo ngayo, na-
ngeyure esingayaziyo, 51 isisike kubini,
imise isabiwo saso kunye nabahanahanisi:
apo kwobako ukulila nokuqaqazela kwama-
zinyo.

25 OKO ubukumkani bezulu bofaneki-
swa nentombi ezilishumi, ezatabatayo
izibane zazo, zapuma ukuya kukaulela



University of Fort Hare

umyeni. 2 Kekaloku isihlanu kuzo zibe
zilumkile, nesihlanu *esinye* zazinyabile. 3
Ezo zinyabileyo, zitabatile nje izibane
zazo, azatabata nazo ioli: 4 kodwa ezilu-
mkileyo zatabata ioli ezityeni zazo kunye
nezibane zazo. 5 Zati kekaloku, xa aliba-
layo umyeni, zozela zonke zalala. 6 Kwaza
kwati pakati kwobusuku kwenziwa inda-
nduluko *yokuti:* Nanku umyeni esiza;
pumani nkuya kumkaulela. 7 Zandula
zavuka zonke intombi ezo, zalungisa izi-
bane zazo. 8 Zaza ezinyabileyo zati kwe-
zilumkileyo: Sipeni kuyo ioli yenu, ngo-
kuba izibane zetu zicimeka. 9 Kodwa
zapendula ezilumkileyo, zisiti: *Hai*, hleze
kuti kunganeli tina nani; hambani ke niye
ngokukumbi kwabo batengisayo, nizitenge-
le. 10 Koko nxa bezisiya ukutenga, wafika
umyeni: zaza ezo zibe zilungile zangena
naye emtshatweni; kwavalwa ke ucango.
11 Zati kamva zafika nezinnye intombi,
zisiti: Nkosi, Nkosi, sivulele! 12 Kodwa
wapendula wati: Ngokwennene nditi kuni,
andinazi.

13 Lindani ke ngoko; ngokuba ninga-
yazi immini kwa neyure unyana wesintu
uza ngayo.

14 Ngokuba *unyana wesintu* enjengomntu
ehambela kwelinye ilizwe, *o*wabiza izicaka
zake, wayinikela kuzo imfuyo yake. 15
Wati ke esinye wasinika italente 'nklanu,
nesinye *wasinika* 'mbini, nesinye *wasinika*
'nnye; *wanika* esinye ngesinye ngokwawaso
amandhla: waza wahambela kwelinye ili-
zwe kwa oko. 16 Kekaloku eso samkelayo
italente ezinklanu saya sasebenza ngazo,
senza esinye isihlanu setalente. 17 Kwa
njalo neso *samkelayo* ezimbini, saqweba
naso esinye isibini. 18 Kodwa eso samke-
layo ennye saya semba emhlabeni, sayi-
fihla imali yenkosi yaso.

19 Kekaloku emveni kwexesha elikulu,
yeza inkosi yezicaka ezo, yazibuza. 20
Sati ke eso samkelayo italente ezinklanu
seza sazisa esinye isihlanu setalente, sisiti:
Nkosi! italente 'nklanu wabuzinikela ku-
mi; kangela, esinye isihlanu setalente
ndisiqwebile pezu kwazo. 21 Yaza yati
kuso inkosi yaso: Ukolisile, sicaka esilu-
ngileyo esinyanisekileyo! ubunyanisekile
pezu kwezinto ezinncinane, ndokumisela
pezu kwezinto ezinninzi; ngena eluyo-
lweni lwenkosi yako. 22 Seza ke neso
samkelayo italente ezimbini, sati: Nkosi!
italente 'mbini wabuzinikela kumi; ka-
ngela, esinye isibini setalente ndisiqwebile
pezu kwazo. 23 Yati kuso inkosi yaso:
Ukolisile, sicaka esilungileyo esinyanise-
kileyo! ubunyanisekile pezu kwezinto
ezinncinane, ndokumisela pezu kwezinto
ezinninzi; ngena eluyolweni lwenkosi
yako. 24 Seza ke neso sibe samkele ita-
lente ennye, sati: Nkosi! ndakwazi wena
ukuba ungumntu olukuni, uvuna apo u-
ngahlwayelanga kona, ubuta apo ungacite-
langa kona; 25 ndaza ndoyika, ndaya nda-
yifihla italente yako emhlabeni; kangela,
unako okukokwako. 26 Yaza yapendula
inkosi yaso yati kuso: Sicaka esikohlake-
leyo esinqenayo! ubusazi nje ukuba ndi-
yavuna apo ndingahlwayelanga kona, ndi-
bute apo ndingacitelanga kona: 27 ubufa-
nele ngoko ukuba wabeka imali yami
kubananisi; ndaye ndinga ndite mina,
ndakufika, ndabuya ndamkela okuko-
kwami kunye nokwanda *kwako.* 28
Mhluteni ngoko italente *yake*, niyinike
kulowo unetalente ezilishumi. 29 Ngo-
kuba bonke abanako beya kupiwa, babeya
kwanezelelwa; kanti ongenako, uya ku-
hlutwa kwa oko anako. 30 Nesicaka esi-
ngancedi luto sikupeleni ebumnyameni
obupandhle: apo kwobako ukulila noku-
qaqazela kwamazinyo.

31 Kekaloku akuza unyana wesintu
ebungcwaliseni bake, nazo zonke ingelosi
ezingcwele kunye naye, uya kwandula
ahlale pezu kweterone yobungcwalisa
bake; 32 kwaye kuya kuhlanganiswa
pambi kwake zonke inklanga; waeya kuba-
hlula abanye kwabanye, njengokuba uma-
lusi esahlula izimvu ezibokweni; 33 ati
izimvu ke azimise ngasekunene kuye, ati
kodwa ibokwe *azimise* ngasekohlo.

34 Oko uya kuti ukumkani kwabo ba-
ngasekunene kuye: Yizani, nina 'batanyu-
sanqelweyo NGUBAWO! yidhlani ilifa lobu-
kumkani obulungiselwe nina kwa sekumi-
sweni kwelizwe: 35 ngokuba bendilambile,
naza nandipa ukutya; bendinxaniwe, naza
nandiseza; bendingowasemzini, naza na-
ndamkela *endhlwini;* 36 bendizé, naza
nandambesa; bendisifa, naza nandilunguza;
bendisentolongweni, neza kumi ke. 37
Baya kwandula ukupendula kuye abalungi-
leyo, besiti: Nkosi! bekuninina esakubona
ulambile, saza sa*kw*ondhla; umhlaumbi
unxaniwe, saza sa*ku*seza? 38 bekuninina
esakubona ungowasemzini, saza sa*kw*amkela
*endhlwini;* umhlaumbi uzé, saza sa*kwa*-



University of Fort Hare

mbesa? 39 bekunínina esakubona usifa,
umhlaumbi usentolongweni, seza kuwe ke?
40 Waeya kupendula ukumkani ati kubo:
Ngokwennene nditi kuni: Ngendawo yo-
kuba nibe nisenje njalo kwomnye waba
abazalwana bami noko amncinane kubo
bonke, nibe nisenje njalo kumi.

41 Oko uya kuti nakwabo bangasekohlo:
Mukani kumi, nina 'baqalekisiweyo! niye
emlilweni ongunapakade, olungiselwe u-
Satane nengelosi zake: 42 ngokuba bendi-
lambile, anandipa ukutya ke; bendinxa-
niwe, anandiseza ke; 43 bendingowasem-
zini, anandamkela *endhlwini* ke; bendizé,
anandambesa ke; bendisifa, bendisentolo-
ngweni kanjalo, anaza kundibona ke. 44
Baya kwandula ukupendula kuye nabo,
besiti: Nkosi! bekunínina esakubona ula-
mbile, umhlaumbi unxaniwe, umhlaumbi
ungowasemzini, umhlaumbi uzé, umhla-
umbi usifa, umhlaumbi usentolongweni,
saza asakwonga? 45 Uya kwandula ape-
ndule kubo, esiti: Ngokwennene nditi
kuni: Ngendawo yokuba nibe ningenje
njalo kwomnye waba noko amncinane kubo
bonke, nibe ningenje njalo nakumi. 46
Babeya kumka aba ukuya ekubetweni
okungunapakade, kodwa abalungileyo u-
kuya ebomini obungunapakade.

26 KWAYE kute, okuya abezigqibile u-
Yesu zonke iziteto ezi, wati kubadisi-
pile bake: 2 Niyazi ukuba kuti emveni
kwentsuku 'mbini kubeko ipasika; waye
unyana wesintu eya kunikelwa ukuba aku-
ruseshwe.

3 Bandula bahlanganisana abaperisite
abakulu, nababàli, nabadala babantu, en-
dhlwini yomperisite omkulu o-kutiwa
ngu-Kayafasi, 4 bacebisana ukuba bam-
bambe u-Yesu ngenkohliso, bambulale. 5
Bebesiti kodwa: Makungabi semtendele-
kweni, ukuze kungenziwa isipitipiti pakati
kwabantu.

6 Kekaloku xeshekweni u-Yesu ebese-
Betaniya, endhlwini ka-Simone ileperi, 7
kweza kuye umfazi eneqaka leyalabastere
linamafuta 'mnandi axabiso likulu, wawa-
galela pezu kwenkloko yake xa abehleli
ekutyeni. 8 Koko abadisipile bake, baku-
bona *oko*, baqumba kunene, besiti: Oku-
kucitakala kokwento nina? 9 ngokuba ku-
ngo kutengiwe into enninzi ngalamafuta
'mnandi, kwaza kwapiwa amahlwempu.
10 Wazi kodwa u-Yesu wati kubo: Yinina
ukuba nimkataze umfazi? ngokuba umse-
benzi olungileyo ewenzile kumi. 11 Ngo-
kuba ninawo, amahlwempu futi ekuni;
kanti aninami futi. 12 Ngokuba lo
ewagalele nje amafuta 'mnandi la em-
zimbeni wami, wenzela ukuncwatywa
kwami. 13 Ngokwennene nditi kuni:
Apo kusukuba kushunyayelwa kona iva-
ngeli le kulo lonke ilizwe, kuya kutyelwa
nalento ayenzileyo lo, ibe sisikumbuzo
sake.

14 Wandula wahamba owabalishumi
linababini, o-kutiwa ngu-Jude Sikariyoti,
waya kubaperisite abakulu, 15 wati: Ni-
vuma ukundinika 'nto nina? ndandiya
kumnikela kuni. Baza bamlinganisela
amaqosha esilivere angamashumi matatu.
16 Wabesiti ke emveni kwoko wafuna
ituba lokuba amngcatshe.

17 Kekaloku ngowokuqala *umhla* wezo-
nka ezingenagwele, beza abadisipile ku-
Yesu, besiti kuye: Utanda ukuba sikulu-
ngisele pina kutyiwe ipasika? 18 Waye-
siti: Yiyani esixekweni kumntu otile, niti
kuye: Uti umfundisi: Ixesha lami liku-
fupi; ipasika ndiya kuyenza kuwe kunye
nabadisipile bami. 19 Baza benza aba-
disipile njengokuba ebebayalele u-Yesu,
bayilungisa ipasika.

20 Kwati ke kwakuhlwa, wabehleli
ekutyeni nabalishumi linababini. 21 Waza
kekaloku, nxa bebesitya, wati: Ngokwen-
nene nditi kuni: Omnye wakuni wondi-
ngcatsha. 22 Babelusizi kakulu ke, ba-
qala ukuti kuye abanye ngabanye: Ndimi
ke na, Nkosi? 23 Waza wapendula wati:
Ofaka isandhla esityeni kunye nami, nguye
lowo oya kundingcatsha. 24 Unyana we-
sintu uyemka okunene, njengokuba kubà-
liwe ngaye; kodwa kwoba nzima kulowa-
mntu unyana wesintu ungcatshwa nguye!
bekumlungele, ukuba ebengazalwanga lo-
wamntu. 25 Waza wapendula u-Jude,
owamngcatshayo, wati: Ndimi ke na,
Rabi? Wati kuye: Utshilo wena.

26 Kekaloku nxa bebesitya, watabata
u-Yesu isonka, wabulela, waqezula, wanika
abadisipile, wati: Tabatani, nitye; esi si-
ngumzimba wami. 27 Kanjalo watabata
indebe, wabulela, wabanika, esiti: Selani
kuyo nonke; 28 ngokuba le iligazi lami,
elocebano olutsha, elipalazelwa abaninzi
kube kukuxolelwa kwezono. 29 Kodwa
nditi kuni: Andisayi kusela emveni kwoku
kwesisiqamo somti weveyine, kude kube



University of Fort Hare

yimmini leyo, okuya ndisiselayo nani sisi-
tsha ebukumkanini BUKABAWO.

30 Baza bati, bakuba bevumile iculo,
bapuma baya entabeni yeminquma. 31
Wandula wati kubo u-Yesu: Nina nonke
niya kuxakaniswa ngami ngobubusuku;
ngokuba kubàliwe *ngokuti:* Ndiya kubeta
umalusi, zaziya kucitwa igusha zomhlambi.
32 Kodwa emveni kwokuvuka kwami,
ndiya kunandulela ukuya e-Galili.

33 Waza wapendula u-Petrosi wati kuye:
Nakuba bonke baya kuxakaniswa ngawe,
andisayi kuza ndixakaniswe mina. 34 Wati
u-Yesu kuye: Ngokwennene nditi kuwe:
Kwa ngobubusuku, ingekalili inkuku, uya
kundikanyela katatu. 35 Wati u-Petrosi
kuye: Nangona kundifanele ukuba ndife
ndawonye nawe, andisayi kukukanyela.
Batsho nabo bonke abadisipile kwa ngo-
kunjalo.

36 Wandula u-Yesu weza nabo entsi-
mini e-kutiwa yi-Getesemane, wati kuba-
disipile: Hlalani pantsi apa, nxa ndiyayo
nditandaze paya.

37 Waza watabata naye u-Petrosi no-
nyana baka-Zebedi bobabini, waqala ukuba
lusizi nokudandateka kakulu. 38 Wandula
wati kubo: Umpefumlo wami ulusizi ka-
kulu kude kube sekufeni; hlalani apa,
nilinde nami. 39 Waza waya umganyana
ngapambili, wawa ngobuso bake, etandaza,
esiti nokuti: Bawo! ukuba kungenzeka,
makudhlule kumi indebe le: noko maku-
ngabi njengokuba nditanda mina, makube
njengokuba *utanda* wena. 40 Wayesiza
kubadisipile, wabafumana belele, wati ku-
Petrosi: Kanene beningelinde nami iyure
ibe 'nnye na? 41 Lindani nitandaze, u-
kuze ningangeni ekulingweni: ummoya
okunene uyavuma, kodwa innyama ibuta-
taka.

42 Wabuya wemka ngokwesibini, waya
watandaza, esiti: Bawo! ukuba lendebe
ayingedhlule kumi, nxa ndingayiseli, ma-
kwenziwe intando yako. 43 Wayesiza
wabafumana belele kanjako; ngokuba ame-
hlo abo ebenzima.

44 Waza wabashiya, wemka kanjako,
waya watandaza ngokwesitatu, eteta wona
lomazwi. 45 Wandula weza kubadisipile
bake, wati kubo: Lalani ixesha eliseleyo,
nipumle; nantsi iyure isel' ikufupi, xa
unyana wesintu anikelwa ezandhleni za-
boni: 46 vukani, sihambe; nanku esel'
ekufupi ondingcatshayo.

47 Kekaloku nxa abesateta, bona ke,
kweza u-Jude, owabalishumi linababini,
nesihlwele esikulu kunye naye sinezirele
nenduku, sivela kubo abaperisite abakulu
nabadala babantu. 48 Wayete obemngca-
tsha wabanika umqondiso, esiti: Lowo
endiya kumanga, ukwa nguye; mbambeni
yena. 49 Waselesiza ku-Yesu kwa oko,
wati: A, Rabi! wamanga ke. 50 Waza
u-Yesu wati kuye: Sihlobo! ufikele nina?
Bandula beza, babeka izandhla pezu kwake
u-Yesu, bambamba.

51 Kekaloku bona ke, omnye wabo babe-
naye u-Yesu wolula isandhla, warola isirele
sake, wabeta isicaka somperisite omkulu,
wasinqumla indhlebe. 52 Wandula wati
u-Yesu kuye: Sibuyisele endaweni yaso
isirele sako; ngokuba bonke abasitabatayo
isirele beya kububa ngesirele. 53 Uba
andingete na kwa kaloku nje ndikunge
UBAWO, waeya kundimisela amabandhla
amakulu engelosi apezu kwalishumi lina-
mabini? 54 Pofu singati nina ukuzali-
seka isibàlo sokuti, kufanele ukuba nje?

55 Kwa ngeloxeshana wati u-Yesu kwi-
zihlwele: Nipumile nezirele nenduku u-
kuza kundibamba na, njengokungati *nibe
nipuma* ngakulo ibada? Bendihleli imihla
ngemihla kuni ndifundisa etempileni, ana-
ndibamba ke. 56 Kodwa oku konke kwe-
nzekile, ukuze zizaliseke izibàlo zabapro-
fite. Bandula bonke abadisipile bamshiya,
babaleka.

57 Bati kekaloku abo bambambayo u-
Yesu bamrolela ku-Kayafasi umperisite
omkulu, apo babehlanganisene kona aba-
bàli nabadala.

58 Waza u-Petrosi wamlandela ekude,
kwada kwasekusini *lendhlu* yomperisite
omkulu, wangena pakati, wahlala pantsi
ndawonye namadindili, ukuba abone uku-
pela *kwendawo*.

59 Kekaloku abaperisite abakulu, naba-
dala, nayo yonke inklanganiso yamapakati,
bebefuna ubunqìna obubuxoki ngakuye u-
Yesu, ukuze bamfise; 60 kanti abafumana
ke: ewe, akufika amanqìna abuxoki ama-
ninzi, abafumana ke. Ada afika amanqìna
abuxoki amabini, 61 ati: Watsho lo ukuti:
Ndingayicita itempile KATIXO, ndibuye
ndiyake ngentsuku zibe ntatu. 62 Waza
wesuka umperisite omkulu, wati kuye:
Akupenduli 'nto na? banqìna 'nto nina
ngakuwe aba? 63 Kuloko u-Yesu wati
tu.



University of Fort Hare

Waza wapendula umperisite omkulu wati
kuye : Ndiyakufungisa UTIXO opilileyo,
uze usixelele ukuba unguye na u-Krestu,
unyana KATIXO. 64 Wati u-Yesu kuye:
Utshilo wena. Kanjako nditi kuni: Emveni
kwoku niya kubona unyana wesintu ehleli
ngasekunene kwamandhla, esiza nokuza
emafini ezulu.

65 Wandula umperisite omkulu wara-
zula ingubo zake, esiti: Ugxekile *u-Tixo;*
sisafunela nina amanqina? bona ke, niku-
vile ngoku ukugxeka kwake; 66 niti nina
ke? Baza bapendula bati: Unetyala lo-
kuba afe. 67 Bandula bamtshicela ebu-
sweni, bamnkliteka; bati innxennye bam-
tywakaza, 68 besiti: Silaulele, Krestu-
ndini! wabetwa ngubanina?

69 Kekaloku u-Petrosi ebehleli ngapa-
ndhle ekusini; saza isicakazana esitile
seza kuye, sisiti: Nawe ubuno-Yesu wase-
Galili. 70 Koko wakanyelayo ebusweni
babo bonke, esiti: Andiyazi into oyitetayo.
71 Kanjalo akupumela esangweni, sambona
esinye, sati kwabakona: Naye lo ebeno-
Yesu wase-Nazarete. 72 Waza wabuya wa-
kanyela ngesifungo, *esiti :* Andimazi um-
ntu lowo. 73 Kwati ke kwakuba 'mzu-
zwana, basondela abebemi kona bati ku-
Petrosi : Ngennyaniso nawe ungowakubo;
ngokuba nokuteta kwako kukuhlakazela.
74 Wandula waqala ukuqalekisa nokufu-
nga, *esiti:* Andimazi umntu lowo. Yasuka
yalila inkuku kwa oko. 75 Waza u-Petrosi
wakumbula ilizwi lika-Yesu, abelitshilo
kuye ukuti: Ingekalili inkuku, uya kundi-
kanyela katatu. Waselepuma ngapandhle,
walila ngento eburara.

27 KEKALOKU kwakuba kasile, bace-
bisana bonke abaperisite abakulu
nabadala babantu ngakuye u-Yesu, ukuze
bamfise. 2 Baza bati bakuba bemnxibile,
bamrola, bamnikela ku-Pontiyusi Pilati
kwinkosi.

3 Wandula u-Jude, owamngcatshayo,
akubona ukuba ugwetyiwe, wazohlwaya,
wazibuyisela kubaperisite abakulu nakuba-
dala lomaqosha esilivere angamashumi
matatu, 4 esiti: Ndonile, igazi elingena-
tyala ndilingcatshile nje. Kodwa bati:
Kuyinto nina kuti *oko?* kukangele ngo-
kwako. 5 Waza wawawisa lomaqosha
esilivere etempileni apo, wemka, waya
wazixòma.

6 Baza abaperisite abakulu batabata
lomaqosha esilivere, bati: Akufanelekile
ukuba afakwe etyeyeni yeminikelo, ngo-
kokuba elinani legazi. 7 Baza bacebi-
sana, batenga ngawo intsimi yombumbi,
ibe yindawo yokuncwatywa kwabasem-
zini. 8 Ngoko kwabizwa intsimi leyo
ngokuti yintsimi yegazi, kwada kwa-
namhla nje. 9 Kwandula kwazaliseka oko
kwatetwayo ngu-Jeremiya umprofite, esiti:
Baza batabata lomaqosha esilivere enga-
mashumi matatu, elinani lalowo kwenziwa
inani ngaye, lowo walenzelwayo inani
ngabo abosapo luka-Sirayeli, 10 bawani-
kela intsimi yombumbi, njengokuba ebe-
ndiyalele UYEHOVA.

11 Kekaloku u-Yesu wema ebusweni
benkosi. Yaza yambuza inkosi, isiti:
Ungukumkani wama-Juda na? Wayesiti
u-Yesu kuyo: Utsho wena. 12 Kanti
akunikwa ityala ngabaperisite abakulu
nabadala, akapendula 'nto. 13 Wandula
wati u-Pilati kuye: Akuva na izinto zin-
ninzi kangakanana abazinqìnayo ngakuwe?
14 Akampendula ke nalinye ilizwi; yada
yati nqa inkosi leyo kakulu.

15 Kekaloku ngomtendeleko *lowo* inkosi
ibiqelile ukukululela abantu umbanjwa
abe 'mnye, lowo bamfunayo. 16 Baye be-
naye ke oko umbanjwa owazekileyo ku-
nene, o-kutiwa ngu-Baraba. 17 Ngako,
behlanganisene nje, wati kubo u-Pilati:
Nguwupina enifunayo ukuba ndinikulu-
lele yena? ngu-Baraba na, ngu-Yesu o-ku-
tiwa ngu-Krestu kusinina? 18 Ngokuba
ebesazi ukuba babemnikele ngomona.

19 Wati kekaloku ehleli nje esihla-
lweni sokugweba, umfazi wake watuma
kuye; esiti: Ungenzi 'nto kulowamntu
olungileyo; ngokuba inklungu ezininzi
ndabendiziva namhla epupeni ngaye.

20 Kodwa abaperisite abakulu nabadala
bazicenga izihlwele, ukuba mazicele u-
Baraba, no-Yesu mazimbubise. 21 Yape-
ndula ke inkosi yati kubo: Nguwupina
kwaba 'babini enifunayo ukuba ndinikulu-
lele yena? Bati ke: Ngu-Baraba. 22
Wati kubo u-Pilati: Ndize nditi nina ku-
Yesu o-kutiwa ngu-Krestu? Bati kuye
bonke: Makakuruseshwe. 23 Koko inkosi
yati: Wenze ukukohlakala 'kunina pofu?
Kodwa bebedanduluka ngakumbi, besiti:
Makakuruseshwe. 24 Wati kekaloku u-
Pilati, akubona ukuba akaneedi luto, koko
ngokukumbi kusuka isipitipiti, watabata
amanzi, wahlamba izandhla *zake* pambi



University of Fort Hare

kwesihlwele, esiti: Andinatyala egazini
lalomntu olungileyo; kukangeleni *oko* ngo-
kwenu. 25 Baza bapendula bonke abantu
bati: Igazi lake *malibe* pezu kwetu, na-
pezu kwabantwana betu. 26 Wandula
wabakululela u-Baraba; kodwa u-Yesu,
akuba emtyabule, wamnikela ukuba aku-
ruseshwe.

27 Andula amasodati enkosi amsa u-
Yesu endhlwini yenkosi, ahlanganisa nga-
kuye lonke ibandhla *lawo*. 28 Aza am-
hluba ingubo zake, amfaka isivato esi-
bomvumnyama. 29 Ati akuba elukile
isitsaba ngemitolo, asibeka pezu kwen-
kloko yake, nengcongolo esandhleni sake
sokunene; aza aguqa ngamadolo ebusweni
bake, amhleka, esiti: A, kumkani wama-
Juda! 30 Aza amtshicela, atabata ingco-
ngolo leyo, ambeta enklokweni yake. 31
Ati xeshekweni ebemhlekile, amhluba isi-
vato eso, amambatisa ingubo zake; aza
amrola ukuya kukuruseshwa.

32 Kekaloku nxa abepuma, afumana
umntu wase-Kirene, ogama lingu-Simone:
lowo amnyanzela ukuba atwale ikruse
yake. 33 Ati akufika endaweni e-kutiwa
yi-Gologota, oko kukuti, yindawo yenka-
nkani, 34 amnika iyasine ipitikeziwe ku-
nye nennyongo ukuba asele; kanti aku-
*yi*va, ebengavumi ukusela. 35 Kanjalo
akuba ebemkuruseshile, azaba ingubo zake,
esenza amaqashiso; ukuze kuzaliseke oko
kwatetwayo ngumprofite, *esiti:* Babelana
izivato zami, napezu kwengubo yami be-
nza amaqashiso. 36 Aza ati, ehleli pantsi,
amgcina apo ke.

37 Kwaye kubekwa ngapezu kwenkloko
yake ityala lake libàliwe *ngokuti:* Lo u-NGU-
YESU UKUMKANI WAMAJUDA.

38 Kwandula kwakuruseshwa ndawo-
nye naye amabada amabini, elinye nga-
sekunene, nelinye ngasekohlo.

39 Bati kekaloku abadhlulayo bamgxe-
ka, behlunguzela inkloko zabo, 40 besiti
nokuti: Wena uyicitayo itempile, ubuye
uyake pakati kwentsuku ntatu, zisindise!
ukuba ungunyana KATIXO, yihla ekuru-
seni. 41 Kwa njalo ke nabaperisite aba-
kulu, behleka, kunye nababàli nabadala,
bebesiti: 42 Abanye wabasindisa, yena
ngokwake akangezisindise: ukuba unguku-
mkani wo-Sirayeli, makehle kaloku nje
ekuruseni, sasiya kukolwa nguye: 43 ute-
mbele KUTIXO; makamhlangule kaloku nje,
ukuba uyamtanda; ngokuba wabesiti:

Ndingunyana KATIXO. 44 Kanjako nama-
bada, abekuruseshwe ndawonye naye,
ebemtuka ngento enjalo.

45 Kwati kekaloku kweyesitandatu
iyure yada yayiyure yesitoba, kwabako
ubumnyama pezu kwalo lonke ilizwe.

46 Waza ngeyesitoba iyure wame-
meza u-Yesu ngelizwi elikulu, esiti: Eli!
Eli! lama sabaketani? oko kukuti: Tixo
wami! Tixo wami! undishiyile nganina?
47 Baye besiti inuxennye yabemi kona,
bakuva: Uyambiza u-Elija lo. 48 Wase-
lesuka wagidima omnye wakubo, watabata
ikepekepe, walizalisa ngeyasine, walifaka
engcongolweni, wamseza ke. 49 Koko
abanye bebesiti: Yeka, masibone ukuba
uyeza na u-Elija ukuza kumsindisa.

50 Wati ke u-Yesu, akupinda ukuda-
nduluka ngelizwi elikulu, wakupa umpe-
fumlo.

51 Laza bona ke, ikuselo lendawo e-
yingcwele larazulwa kubini kwa pezulu
kwada kwasezantsi; wati umhlaba wa-
ngcangcazela, namawa acandeka; 52 aza
amancwaba avulwa, yati imizimba emini-
nzi yabangcwele ababelele yavuswa, 53
yapuma emancwabeni, emveni kwokuvuka
kwake, yangena esixekweni esingcwele,
yabonakala kwabaninzi.

54 Kekaloku inkosikulu nabo babenayo
begcina u-Yesu, bakubona isingcangcazelo
somhlaba nezinto ezenzekileyo, boyika
kakulu, besiti: Ngennyaniso ebengunyana
KATIXO lo.

55 Kwaye kuko kona nabafazi abaninzi
bebonela bekude, abebelandele u-Yesu
evela e-Galili, bemkonza: 56 owayeko
pakati kwabo u-Mariya wase-Magadala,
kwa no-Mariya unina bo-Yakobi no-Jose,
nonina bonyana baka-Zebedi.

57 Kwati ke kwakuhlwa, kweza umntu
osityebi wase-Arimateya ogama lingu-
Josefe, obengumdisipile ka-Yesu naye:
58 weza lowo ku-Pilati, wacela umzimba
ka-Yesu. Wandula u-Pilati waxela ukuba
kunikelwe umzimba. 59 Waza u-Josefe
watabata umzimba, wawusongela eqiyeni
eshiceneyo emhlope, 60 wawubeka kwe-
lake incwaba elitsha, abelimbile eweni
apo; waza waliqengqa ilitye elikulu nga-
semnyango wencwaba, wemka ke. 61
Baye beko kona u-Mariya wase-Magadala,
nomnye u-Mariya, behleli pantsi malu-
ngana nencwaba.

62 Kekaloku ngomhla olandelayo, ongo-



University of Fort Hare

wasemva kwowokulungiselela, bahlanga-
nisana abaperisite abakulu nabafarisi nga-
ku-Pilati, 63 besiti : Nkosi ! sikumbule
ukuba lowamkohlisi watsho nxa asahleli
ukuti : Emveni kwentsuku ntatu *ndobuya*
ndivuke. 64 Yalela ngoko ukuba kuqi-
niswe incwaba lude lube lolwesitatu usu-
ku ; hlezibe abadisipile bake beze ebusuku
bambè, baze bati ebantwini : Uvukile eku-
feni ; ize iti inkohliso yokupela igqitise
eyokuqala ngokuba 'mbi. 65 Wayesiti
kubo u-Pilati : Seninawo umlisela ; ha-
mbani, niqinise ngendawo eniyaziyo. 66
Baya ke baqinisa incwaba, bencamatisela
ilitye, *bemisa* umlisela kanjalo.

28 KWATI ke emveni kwesabata, kwa-
kuza kusa ngolwokuqala *usuku* lwe-
veki, kweza u-Mariya wase-Magadala, nom-
nye u-Mariya, ukuza kukangela incwaba.
2 Kekaloku bona ke, kwabekuko isingca-
ngcazelo somhlaba esikulu : ngokuba inge-
losi YENKOSI yehlayo ezulwini, yeza yali-
qengqa ilitye kuwo umnyango, yahlala
pantsi pezu kwalo. 3 Ukubonakala kwayo
bekunjengokubaneka, nezivato zayo bezi-
mhlope njengengqweqwe. 4 Bati abagcini
ngokuyoyika bangcangcazela, bada baba
njengabafileyo.
5 Yaza yapendula ingelosi yati kubafazi
abo : Musani kwoyika nina ; ngokuba ndi-
sazi ukuba niyamfuna u-Yesu obekuruse-
shiwe. 6 Akako apa ; ngokuba evukile,
njengokuba wabetshilo. Yizani, nibone
indawo apo INKOSI yabilele kona. 7 Nize
niye ngokukauleza, nixelele abadisipile
bake ukuba uvukile ekufeni ; kanjalo, bona
ke, uyanandulela ukuya e-Galili ; kwa
lapo niya kumbona. Bona ke, ndinixelele.
8 Baza bapuma ngokukauleza encwabeni,
benesoyiko novuyo olukulu, bagidima
ukuya kushumayela kubadisipile bake.
9 Kekaloku oko bebesiya ukushumayela
kubadisipile bake, waza, bona ke, u-Yesu
wabahlangabeza, esiti : Botani ! Basuka
beza bambamba ngenyawo, bambedesha.
10 Wandula wati kubo u-Yesu : Musani
kwoyika ; hambani, nishumayele kubaza-
lwana bami ukuba bemkele e-Galili ; kona
apo ke baya kundibona.
11 Kekaloku nxa bebesiya, bona ke,
abatile bomlisela bafika esixekweni, ba-
shumayeza abaperisite abakulu kwa zonke
izinto ezenzekileyo. 12 Baza bahlangani-
sana nabadala, bati bakuba becebisene,
bawapa imali enninzi amasodati lawo, 13
besiti : Yitshoni ukuti : Abadisipile bake
beza ebusuku, bambà xa sileleyo. 14 Sa-
siya kuti xeshekweni kubikwa oku ebu-
sweni benkosi, sitomalalise yona, sinenze
ningabi nangozi nina. 15 Aza atabata
lomali, enza njengokuba ebefundiswa :
saye isiteto esi sivakaliswa ema-Judeni
kwada kwanamhla nje.
16 Bati ke abadisipile abalishumi li-
namnye baya e-Galili, entabeni apo waba-
nqopisela kona u-Yesu. 17 Baza bati
bakumbona, bambedesha ; kodwa batanda-
buza innxennye. 18 Waye u-Yesu esiza
wateta kubo, esiti : Kunikwe mina ama-
ndhla onke ezulwini nasemhlabeni. 19 Ha-
mbani ngoko niye nizenze abadisipile
zonke inklanga, nibabapitizeshela egameni
LOYISE NELONYANA NELOMOYA OYINGCWELE, 20
nibafundisa ukugcina zonke izinto endini-
yalele ngazo : kanjalo bona ke, ndiko mina
kunye nani yonke imihla kude kube kuku-
gqityelwa kwelizwe elikoyo. Amene.

# IVANGELI ENGCWELE

NGOKUBALA

# KUKAMARAKI.

ISAHLUKO I.

UKUQALA kwevangeli ka-Yesu Krestu,
unyana KATIXO ; 2 njengokuba kubà-
liwe ebaprofiteni *ngokuti :* Bona ke, ndiya-
tuma isitunywa sami pambi kwobuso bako,
esiya kulungisa indhlela yako pambi



University of Fort Hare

kwako: 3 *nangokuti:* Ilizwi lodandulukayo
enkłango: Lungisani indhlela KAYEHOVA;
yenzani imendo yake ilungelelane. 4
Weza u-Johane ebapitizesha enklango,
eshumayela ubapitizesho lwoguquko ku-
be kukuxolelwa kwezono. 5 Laza lapu-
mela kuye lonke ilizwe le-Judeya, nabase-
Yerusaleme; bati bonke babapitizeshwa
nguye emlanjeni we-Yoredane, bevuma
izono zabo.

6 Waye kekaloku u-Johane wambete
uboya benkamela, nombinqo wolusu esi-
nqeni sake; watya inkumbi nobusi ba-
sendhle. 7 Washumayela ke, esiti: Uyeza
onamandhla amakulu kwawami emva kwa-
mi, endingafanelekile ukuba nditobe pa-
ntsi ndiwutukulule umtya wezihlangu
zake. 8 Mina okunene ndinibapitizeshile
ngamanzi; kodwa yena wonibapitizesha
ngomoya oyingcwele.

9 Kwaye kute kuleyomihla, wavela
u-Yesu e-Nazarete yase-Galili, wabapiti-
zeshwa ngu-Johane e-Yoredane apo. 10
Waza wati esel' enyuka emanzini, wa-
bona izulu licandekile, NOMOYA njengehobe
esihla pezu kwake. 11 Kanjalo leza ilizwi
livela ezulwini, *lisiti:* Wena ungunyana
wami otandiweyo, endikolisiweyo kakuhle
nguye.

12 Waselesiti UMOYA wamqùbela enkla-
ngo. 13 Waza wakona enklango apo in-
tsuku zamashumi mane, elingwa ngu-
Satane; wayendawonye namaramncwa ke;
zaza ingelosi zamkonza.

14 KEKALOKU emveni kwokunikelwa
kuka-Johane *entolongweni*, weza u-Yesu e-
Galili, eshumayela ivangeli yobukumkani
BUKATIXO, 15 esiti nokuti: Ixesha lizalise-
kile; buse bukufupi ubukumkani BUKA-
TIXO: guqukani, nikolwe evangelini.

16 Wati kekaloku ehamba ngaselwa-
ndhle lwase-Galili, wabona u-Simone, no-
Andreya umninawe wake, beposa utambo
elwandhle: ngokuba bebengabalobi ben-
klanzi. 17 Waza wati kubo u-Yesu: Yi-
zani emva kwami, ndandiya kunenza nibe
ngabalobi babantu. 18 Basebesuka bazi-
shiya intambo zabo, bamlandela. 19 Ka-
njalo egqitile apo unganyana, wabona
u-Yakobi *unyana* ka-Zebedi, no-Johane um-
ninawe wake, besennqanaweni bona nabo
belungisa intambo. 20 Wasuka wababiza
ke: baza bashiya uyise wabo u-Zebedi
ennqanaweni enabaqeshwa, bemka baya
emva kwake.

21 Baya bangena e-Kapenayume: waza
wati ngemmini yesabata waselengena en-
dhlwini yenklanganiso wafundisa. 22 Baye
bemangaliswa ke pezu kwesifundiso sake;
ngokuba ebebafundisa njengonegunya, be-
kungenjengababàli. 23 Kwaye kuko en-
dhlwini yenklanganiso yabo umntu eno-
moya oncolileyo; waza wadanduluka, 24
esiti: Yeka! siyinto nina kuwe, Yesu
wase-Nazarete? uze kusitshabalalisa na?
ndiyakwazi wena ungubanina, ungoyin-
gcwele KATIXO. 25 Waza u-Yesu wamte-
tisa, esiti: Yiti cwaka, upume kuye. 26
Waza umoya oncolileyo wamruzula, wada-
nduluka ngelizwi elikulu, wapuma kuye.
27 Bati nqa ke bonke, bada babuzisana
omnye nomnye, besiti: Yinto nina le?
lolwanina ufundiso olutsha olu, ukuba no-
moya abancolileyo ebayalela ngegunya,
bamve ke? 28 Lwaselusuka lwapuma
udumo lwake lwaya kulo lonke ilizwe
langase-Galili.

29 Baza bati kwa oko, bakuba bepumile
endhlwini yenklanganiso, bangena en-
dhlwini ka-Simone no-Andreya, kunye no-
Yakobi no-Johane. 30 Kekaloku um-
kwekazi ka-Simone ebelele, esifa licesine;
baza basebemxelela ngaye. 31 Wayesiza
wabamba isandhla sake, wamsukisa; lam-
yeka icesine kwa oko, wabakonza ke.

32 Kwati kwakuhlwa, lakutshona ila-
nga, bazisa kuye bonke abafayo nabange-
nelwa zidemoni. 33 Saye isixeko sonke
sibe sibutelene ngasemnyango. 34 Waza
wabapilisa abaninzi ababesifa zizifo nge-
zifo; nedemoni ezinninzi wazikupa, enga-
zivumeli ke ukuba zitete idemoni, ngo-
kuba zibe zimazi yena.

35 Waza wati kwakuza kusa, wavuka
kusesebusuku kanye, wapuma, wemka
waya endaweni elubala, watandaza kona
apo. 36 Baza bamputuma u-Simone nabo
babenaye. 37 Bemfumene ke, bati kuye:
Bonke bayakufuna. 38 Wayesiti kubo:
Masihambe siye ezinnqilini ezikufupi,
ndize ndishumayele nakona; ngokuba
ndivelele oku. 39 Waza washumayela
ezindhlwini zenklanganiso zabo kuyo yo-
nke i-Galili, wakupa nedemoni.

40 Kwati kekaloku kweza kuye ileperi,
limbongoza liguqa pantsi kuye, lisiti no-
kuti kuye: Ukuba uyatanda, ungandihla-
mbulula. 41 Waza u-Yesu wabetwa lusizi,



University of Fort Hare

wasolula isandhla, walicukumisa, wati
kulo : Ndiyatanda ; hlambuluka. 42 Sati
nxa abesitsho semka kulo kwa oko isile-
pero *salo*, lahlambuluka ke. 43 Waza eli-
yalile kakulu nje waselelindulula, 44 wati
kulo : Lumka ungaxeleli 'mntu into ; ko-
dwa hamba, zibonakalise kumperisite, uni-
kele ngennxa yokuhlanjululwa kwako
izinto wabeyalela zona u-Mosesi, zibe sisi-
nqino kubo. 45 Lati kodwa lakupuma,
laqala ukushumayela kakulu, nokuvakalisa
londawo, wada *u-Yesu* wayengasenako
ukuba angangena esixekweni ekuhleni ;
koko wayengasendhle ezindaweni ezilu-
bala, bati *abantu* beza kuye bevela emaca-
leni onke.

2 WATI kekaloku, nxa sekuntsuku, wa-
buya wangena e-Kapenayume ; kwaye
kuvakala ke ukuba usendhlwini. 2 Kwaza
kwasekuhlanganisana abaninzi, zada azabi
senaku*ba*mkela nendawo zangaselucangwe-
ni : wayeliteta kubo ilizwi ke.
3 Kekaloku beza kuye bezisa *umntu* one-
sifo sokushwabanisa, etwelwe sisine *sama-
doda*. 4 Baza bati, bekohliwe kusondela
kuye ngennxa yesihlwele, banqika isifu-
lelo apo ebekona, bati bakuba bebegqobo-
zile, bahlisa ukûko wabelele kulo onesifo
sokushwabanisa. 5 Wabona ke u-Yesu
ukolo lwabo, wati konesifo sokushwaba-
nisa : Nyanandini ! uxolelwe izono zako.
6 Kwaye kuko ababàli abatile behleli
kona, becamanga ezinkliziyweni zabo, *ngo-
kuti :* 7 Yinina ukuba lo enje njalo uku-
ziteta ingxeko ? ngubanina ongazixolelayo
izono, kupela mnye ENGUTIXO ? 8 Wase-
lenakana u-Yesu emmoyeni wake, ukuba
bacamanga njalo pakati kwabo, wati kubo :
Nizicamangela nina ezizinto ezinkliziywe-
ni zenu ? 9 okona kulula kukupina : ukuti
konesifo sokushwabanisa : Uxolelwe izono
*zako ;* ukuti : Suka, upate ukûko lwako,
uhambe ; kusinina ? 10 kodwa ukuze nazi
ukuba unyana wesintu unegunya emhla-
beni ukuxolela izono, (wati konesifo soku-
shwabanisa :) 11 nditi kuwe : Suka, upate
ukûko lwako, uye endhlwini yako. 12
Waselesuka ke, walupata ukûko, wapuma
ebusweni babo bonke ; bada bamangaliswa
bonke, bamdumisa UTIXO, besiti : Asizanga
sibone okunje.
13 WAZA wapuma wabuya waya nga-
selwandhle ; sati sonke isihlwele seza kuye,
wabafundisa ke.

14 Waza edhlula nje wabona u-Levi,
*unyana* ka-Alefeyu, ehleli endaweni yo-
kwamkela iminikelo, wati kuye : Ndila-
ndele. Wesuka ke, wamlandela. 15 Kwaza
kwati, akuhlala pantsi endhlwini yake,
kwahlala nento enninzi yababuti bemini-
kelo naboni ekutyeni ndawonye no-Yesu
nabadisipile bake : ngokuba bebebaninzi,
bamlandela ke. 16 Baza ababàli nabafa-
risi, bakumbona esitya kunye nababuti be-
minikelo naboni, bati kubadisipile bake :
Yinina ukuba atye asele kunye nababuti
beminikelo naboni ? 17 Waza u-Yesu evile
nje wati kubo : Abomeleleyo abasweli
'gqira ; ngabafayo *abalisweleyo*. Andeza
ukubiza abalungileyo, koko *ndize ukubiza*
aboni baguquke.
18 Kekaloku abadisipile baka-Johane
nababafarisi bebezila ukutya : baza beza
bati kuye : Kunganina ukuba abadisipile
baka-Johane nabafarisi bazila ukutya, ka-
nti abako abadisipile abakuzili ? 19 Waza
wati u-Yesu kubo : Usapo lwenkambili
yomtshakazi lungazila ukutya na, oko um-
yeni analo ? lonke ixesha lusenaye umyeni
enalo, alungezile 'kutya. 20 Kodwa iya
kuza imihla okuya umyeni aya kususwa
kulo, lwaluya kwandula luzile ukutya ku-
leyomihla ke. 21 Akuko 'mntu utungela
isiziba senncawa engatutyulwanga engu-
tyeni endala ; okanye, into entsha efaki-
weyo iyarazula kwendala, siti siroba se-
nzwe sibi ngakumbi. 22 Kanjalo akuko
'mntu uta iveyine entsha ezintsubeni e-
zindala ; okanye, iveyine entsha iyazigqo-
boza intsuba, ize ipalale iveyine, zitshaba-
lale nentsuba ; koko iveyine entsha ifanel'
ukutiwa ezintsubeni ezikwa zintsha.

23 KWAYE kute ukuba ebecanda ema-
simini ngemmini yesabata : baza abadisi-
pile bake baqala ukuhamba bezika izi-
kwebu. 24 Baye abafarisi besiti kuye :
Kangela, yinina ukuba bakwenze ngem-
mini yesabata okungafanelekileyo ? 25
Waza yena wati kubo : Anizanga nilesesho
na into wayenzayo u-Davide, okuya waye-
nokuswela, walamba yena nabo babenaye ;
26 okokuba wangena endhlwini KATIXO,
emihleni ka-Abiyatare umperisite omku-
lu, watya izonka zokubonakala, ekufane-
lekile ukuba zityiwe ngabaperisite kupela,
wanika nabo abebendawonye naye ? 27
Wabesiti kubo kanjalo : Isabata yenziwa
ngennxa yabantu, akw*enziwa* abantu ngen-



University of Fort Hare

nxa yesabata. 28 Ngako oko unyana we-
sintu uyinkosi yesabata nayo.

3 Waza wabuya wangena endhlwini yen-
klanganiso. Kekaloku bekuko kona
umntu enesandhla esishwabeneyo: 2 baza
bamgqala, ukuba uya kumpilisa na ngem-
mini yesabata, ukuze bamnike ityala. 3
Waza wati emntwini obenesandhla esi-
shwabeneyo: Suka uze pakati. 4 Waza
wati kubo: Kufanelekile ngemmini yesa-
bata ukwenza okulungileyo, ukwenza oku-
kohlakeleyo, kusinina? ukulondoloza ubo-
ni, ukubulala, kusinina? Koko bebesiti tu.
5 Waza ebasingasingele ngengqumbo, ebu-
hlungu nokuba buhlungu ngennxa yobu-
lukuni benkliziyo zabo, wati emntwini:
Yolula isandhla sako. Wayesolula ke;
saza isandhla sake sabuya senziwa sipilile
njengesinye. 6 Bapuma ke abafarisi, ba-
sebecebisana nabaherodi ngakuye, ukuze
bambubise.

7 Waza u-Yesu wemka nabadisipile bake
waya ngaselwandhle: sati ke isihlwele
esikulu samlandela sivela e-Galili, nase-
Judeya, 8 nase-Yerusaleme, nase-Edomeya,
napesheya kwe-Yoredane; bati nabo ba-
ngase-Tire ne-Tsidone, isihlwele esikulu,
bakuva izinto ezingakanana wazenzayo,
beza kuye. 9 Waza waxelela abadisipile
bake, ukuba mawuti umkombe umhlalele
kufupi ngennxa yesihlwele, ukuze bangam-
xinezeli. 10 Ngokuba ebepilise abani-
nzi, bada bamxinanela ukuze bameuku-
mise, kwa bonke abebenezibulawa. 11
Nomoya abancolileyo, bati bakumbona,
bawa pantsi pambi kwake, badanduluka,
besiti: Ungunyana KATIXO wena. 12 Waza
wabayala kakulu, ukuba mabangamtyili.

13 Waza wenyukela entabeni, wabiza
abo wabetanda *ukubiza* bona: basuka baya
kuye. 14 Kanjalo wamisa abalishumi li-
nababini, ukuze babe naye, nokuze aba-
tume ukuba bashumayele, 15 nokuba babe
negunya lokupilisa izifo, nokuba bakupe
idemoni: 16 Wati u-Simone wamtiya igama
elingu-Petrosi; 17 no-Yakobi *unyana* ka-
Zebedi, no-Johane umninawe ka-Yakobi;
(wati bona wabatiya ngamagama ango-
Bowaneregesi, okukuti, Onyana bodudu-
mo;) 18 no-Andreya, no-Filipi, no-Batolo-
meyu, no-Mateyu, no-Tomasi, no-Yakobi
*unyana* ka-Alefeyu, no-Tadeyu, no-Simone
umkanani, 19 no-Jude Sikariyoti, okwa
nguye owamngcatshayo.

BAZA bangena endhlwini. 20 Sati isi-
hlwele sabuya sabutana, bada bakohlwa
nokutya isonka. 21 Zaza zati izihlobo
zake zakuva, zapuma ukuya kumbamba;
ngokuba zibe zisiti: Ulihilihili.

22 Kanjalo abafarisi abebehlile e-Yeru-
saleme bebesitsho ukuti: Uno-Belezebule;
nokuti: Uyazikupa idemoni ngayo inkosi
yedemoni.

23 Waza wababiza, watsho kubo ngemi-
zekeliso ukuti: Angati nina u-Satane uku-
kupa u-Satane? 24 Nobukumkani ukuba
bupambene ngokwabo, abungeme ubuku-
mkani obo: 25 nendhlu ukuba ipambene
ngokwayo, ayingeme indhlu leyo. 26 No-
Satane ukuba uyazisukela, apambane *ngo-
kwake*, akangeme, uza kugqityelwa ke. 27
Akuko 'mntu ongati impahla zonamandhla,
akuba engene endhlwini yake, azipange,
nxa angatanga kuqala wamnxiba onama-
ndhla; waeya kupanga indhlu yake oko.
28 Ngokwennene nditi kuni: Zonke izono
baya kuxolelwa zona onyana babantu,
nezigxeko abasukuba begxeka ngazo; 29
kodwa osukuba egxeka umoya oyingcwele,
akanalo uxolelwa kude kube ngunapakade,
koko emelwa kukugwetywa okungunapa-
kade. 30 *Watsho*, ukuba bebesiti: Uno-
moya oncolileyo.

31 Bandula beza abazalwana bake no-
nina, abati bemi ngapandhle batuma kuye,
bembiza. 32 Kekaloku isihlwele sasihleli
simpahla; bati ke kuye: Nanku unyoko
nabazalwana bako ngapandhle bekufuna.
33 Waza wapendula kubo, esiti: Nguba-
nina umá umhlaumbi abazalwana bami?
34 Waza esingasinga pezu kwabo babe-
hleli bempahla, wati: Nanku umá nabaza-
lwana bami! 35 ngokuba osukuba esenza
intando KATIXO, enguye lowo umzalwana
wami, nodade wami, nomá.

4 KEKALOKU wabuya waqala ukufu-
ndisa ngaselwandhle: saza sabutela
kuye isihlwele esikulu, wada wangena
emnqanaweni, wahlala pantsi elulwandhle-
ni; saye sonke isihlwele sibe sisemhlabeni
ngaselwandhle. 2 Waza wabafundisa into
ezininzi ngemizekeliso, wati kubo ekufu-
ndiseni kwake:

3 Pulapulani! Bona ke, umhlwayeli wa-
puma ukuya kuhlwayela; 4 kwaza kwati
ekuhlwayeleni *kwake*, inxenye *yembewu*
yawa ngasendhleleni, zati intaka zezulu
zeza zayidhla. 5 Yawa nenye endaweni



University of Fort Hare

ebulwalwa, apo ibingenawo umhlaba omni-
nzi; yaza yaselipuma kamsinya, ngokuba
ingenabo ubunzulu bomhlaba: 6 yati uxa
ilanga belipumile, yatshiswa; nangokuba
ingenangcambo, yabuna. 7 Yawa nennye
endaweni yemitolo; yaza imitolo yahluma,
yayitshwencisa, ayanika 'siqamo ke. 8 Ya-
wa nennye emhlabeni olungileyo; yaza
yanika isiqamo esasihluma samila noku-
mila, yavelisa innxennye ngokungamashu-
mi matatu, nennxennye ngokungamashu-
mi matandatu, nennxennye ngokulikulu.
9 Wayesiti kubo: Onendhlebe zokuva,
makeve.
10 Kekaloku xeshekweni ebeyedwa, bam-
buza abo babempahla ndawonye nabali-
shumi linababini umzekeliso lowo. 11
Wayesiti kubo: Kunikiwe nina ukwazi
imfihlakalo yobukumkani BUKATIXO: ko-
dwa abo bangapandhle, benzelwa zonke
ezizinto ngemizekeliso; 12 ukuze bati be-
bona nje babone, bangaqiqi; bati kanjalo
besiva nje beve, bangaqondi; hleze bagu-
quke, baze baxolelwe izono *zabo*.
13 Waza wati kubo: Aniwazi na umze-
keliso lo? seniya kuti nina ke ukuyiqonda
yonke imizekeliso?
14 Umhlwayeli uyahlwayela ilizwi. 15
Aba ke bangabo bangasendhleleni, apo
ilizwi lihlwayelwa kona; kanti xeshe-
kweni bavileyo, kwandul' ukuza u-Satane
asuse ilizwi elihlwayelweyo ezinkliziyweni
zabo. 16 Naba kwa njalo bangabo ba-
hlwayelwayo endaweni ebulwalwa; abati
xeshekweni baliviléyo ilizwi, basuke bala-
mkele ngovuyo; 17 kanti abanangcambo
pakati kwabo, koko besenza umzuzu ko-
dwa; kwandule kuti. kwakuhla imbande-
zelo umhlaumbi intshutshiso ngennxa ye-
lizwi, basuke baxakaniswe. 18 Naba
bangabo bahlwayelwayo endaweni yemi-
tolo; aba bangabo abati ilizwi balive;
19 kanti izitukutezi zelilizwe likoyo, nen-
kohliso yobutyebi, nenkanuko ngezinnye
izinto, zingena nje, ziyarwisha ilizwi, lize
liputiswe. 20 Naba bangabo bahlwaye-
lweyo emhlabeni olungileyo; abati ilizwi
balive, balamkele, axakate izixakato, in-
nxennye ngokungamashumi matatu, nen-
nxennye ngokungamashumi matandatu,
nennxennye ngokulikulu.
21 Wayesiti kubo: Sika siziswe isibane
na, ukuze sibekwe pantsi kwento yokuli-
nganisa umhlaumbi pantsi kwokùko? asi-
*ziswa* na ukuze sibekwe pezu kwekande-
lare? 22 Ngokuba kungeko 'nto efihla-
keleyo, engayi kubonakaliswa; kanjako
bekungafihlwa 'nto, kupela ukuba ize eku-
hleni. 23 Ukuba kuko onendhlebe zo-
kuva, makeve.
24 Wayesiti kubo: Kulumkeni oko ni-
kuvayo. Ukulinganisa enilinganisa ngako,
kwolinganiselwa nina; kwakuya kuti kuni
nivayo kwalekelwe ngakumbi. 25 Ngo-
kuba osukuba enako, kuya kupiwa yena;
kanti ongenako, uya kuhlutwa kwa oko
anako.
26 Wayesiti: Bunjalo ubukumkani BU-
KATIXO, njengokungati umntu waposa im-
bewu emhlabeni, 27 waza walala wavuka
ubusuku nemini, yati imbewu yantsula
yakula ngendawo angayaziyo. 28 Ngo-
kuba umhlaba uvelisa isiqamo ngokwawo;
sibe sisitombo ukuqala, kwandul' ukuba
sisikwebu, iti kamva ibe yinnqolowa eza-
lisekileyo esikwebini. 29 Kodwa uti, xe-
shekweni sibonxile isiqamo, asuke afake
irenqa, ngokuba selifikile ixesha lokuvuna.
30 Wayesiti: Sobufanisa nanto nina
ubukumkani BUKATIXO? umhlaumbi sobu-
zekelisa ngomzekeliso omnina? 31 Bu-
njengokozo lwembewu yemositade, oluti,
xeshekweni luhlwayelweyo emhlabeni lu-
be luncinane kuzo zonke imbewu ezisem-
hlabeni: 32 kanti xeshekweni luhlwaye-
lweyo, luyahluma, luze lube lukulu kuye
yonke imifuno, lwenze namasebe amakulu,
zide ziti intaka zezulu zibe nako ukuba
zingahlala ngapantsi kwomtunzi walo.
33 Wabeteta ilizwi kubo nangemizeke-
liso enjalo emininzi, njengokuba bebenako
ukuliva. 34 Wabengateti ke kubo kunge-
ko umzekeliso: kodwa wabetyila zonke
izinto kubadisipile bake ngasese.

35 KEKALOKU kwa ngalommini, kwa-
kuba kuhlwile, wati kubo: Masiwele siye
ecaleni elingapesheya. 36 Baza bati bakuba
besindulule isihlwele, bamtabata nabo nje-
ngokuba ebenjalo ennqanaweni. Kwaye ku-
ko naye nezinnye innqanawa ezinncinane.
37 Lwaza lwesuka uqwitela lwommoya olu-
kulu, ati amaza abeta angena ennqanaweni,
yada yona yafun' ukuzaliswa *nyamanzi*.
38 Waye yena ebesendaweni yasemva,
elele pezu kwomqamelo; basuka bamvusa,
bati kuye: Mfundisi! akukatali na kukuba
sibuba? 39 Waza wavuka wakalimela um-
moya, wati kulwandhle: Tutu, yiti cwaka!
Wadamba ke ummoya, kwaza kwabako



University of Fort Hare

ukuzola okukulu. 40 Wayesiti kubo: Yi-
nina ukuba ninobugwala obungakanana?
kunganina lento ningenalo ukolo? 41 Bo-
yika ke ngokwoyika okukulu, bati omnye
kwomnye: Ngubanina kanti lo, eviwa nje
nangummoya nalulwandhle?

5 Baza bafika ecaleni elingapesheya kwo-
lwandhle, ezweni lama-Gadara. 2 Wati
akupuma ennqanaweni, kwandula ukum-
kaulela evela emancwabeni umntu eno-
moya oncolileyo, 3 obenenklalo *yake* ema-
ncwabeni; kwaye kungeko 'mntu obenako
ukumkonxa nangemixokolelwane; 4 ngo-
kuba ebekonxiwe futi ngamakamandela
nangemixokolelwane, yasuka yaqaulwa
nguye imixokolelwane, aqekezwa namaka-
mandela, kwaza akwabiko 'mntu obena-
mandhla okumoyisa. 5 Waye ngamaxesha
onke, ebusuku nasemmini, esezintabeni
nasemancwabeni, edanduluka, ezityoba
ngamatye. 6 Wati kekaloku akubona u-
Yesu ekude, wagidima waya wambedesha,
7 wadanduluka ngelizwi elikulu, wati:
Ndiyinto nina kuwe, Yesu, Nyana KATIXO
opezu konke? ndikufungisa UTIXO, zunga-
ndimbeli! 8 Ngokuba ebesiti kuye: Puma
emntwini, wena 'moya oncolileyo! 9 Wa-
bembuza kanjalo, *esiti:* Ngubanina igama
lako? Wapendula ke esiti: Ngu-Bandhla-
likulu igama lami; ngokuba sibaninzi.
10 Waza wambongoza kakulu, aze angaba-
ndululi kwelozwe. 11 Kwabekuko apo
ngasezintabeni umhlambi omkulu weha-
ngu usidhla. 12 Zaza zambongoza zonke
idemoni, zisiti: Situme siye ezihangwini,
ukuze singene kuzo. 13 Waselezivumela
ke u-Yesu. Baza bapuma omoya abancoli-
leyo bangena ezihangwini; kekaloku um-
hlambi *wehangu* wagalelekela ngeliwa apo
elwandhle, (ngati ke bezingamawaka ma-
bini,) zamiwa elwandhle. 14 Baza abo
ababesalusa ihangu babaleka, bashumayela
*indawo* esixekweni nasemapandhleni. Bati
ke *abantu* bapuma ukuya kubona ukuba
yinto nina eyenzekileyo. 15 Baye besiza
ku-Yesu, babona lowo obengenelwa zide-
moni, ehleli pantsi, evatile, enokuqonda
kwake, lowo obenalo ibandhla elikulu;
basuka boyika. 16 Baza abo babebonile
bababalisela ukuba kwatiwa nina kobenge-
nelwa zidemoni, nokwehangu. 17 Baza
baqala ukumbongoza ukuba emke emideni
yabo.
18 Wati kekaloku akungena ennqana-
weni, lowo ubengenelwe zidemoni wambo-
ngoza ukuba makabe naye. 19 Kodwa
u-Yesu akamvumela, koko wati kuye:
Hamba uye endhlwini yako, kwabako-
wenu, ubashumayeze izinto ezingakanana
INKOSI ikwenzele zona; nokuba ibinetaru
kuwe. 20 Waza wemka waqala ukushu-
mayela e-Dekapolisi izinto ezingakanana
abemenzele zona u-Yesu: bati nqa ke
bonke.

21 KEKALOKU akuti u-Yesu wabuya
wawela ngennqanawa waya ecaleni elinga-
pesheya, sabutela kuye isihlwele esikulu:
wayengaselwandhle ke.
22 Kwaza, bona ke, kwafika omnye wa-
bapati bendhlu yenklanganiso, ogama lali-
ngu-Yahire, owati akumbona, wawa ngase-
zinnyaweni zake, 23 wambongoza kakulu,
esiti: Intombazana yami ipants' ukufa;
*Nditandaza* ukuba uze ubeke izandhla *zako*
pezu kwayo, ukuze ipiliswe, yaiya kupila.
24 Wasuka waya naye; saza samlandela
isihlwele esikulu, samxinezela.
25 Kekaloku umfazi otile obenegqita
legazi iminyaka yalishumi linamibini, 26
obevile nezinto ezinninzi nganmagqira, wa-
cita konke abenako, engancedwanga luto
noko, kodwa waba mandundu ngakumbi;
27 wati akuva ngaye u-Yesu, weza pakati
kwesihlwele ngasemva, wayicukumisa ingu-
bo yake: 28 ngokuba ebesiti: Ukuba ndika
ndicukumise ingubo zake zodwa, ndiya ku-
piliswa. 29 Wasuka watsha kwa oko umto-
mbo wegazi lake, wazazela ngomzimba
*wake* ukuba upilisiwe kwesosibulawa. 30
Waselesiti u-Yesu, enakene pakati kwake
ukuba amandhla apumile kuye, wajikela
ngasesihlweleni, wati: Ngubanina owacu-
kumisa ingubo zami? 31 Baza abadisipile
bake bati kuye: Ubona isihlwele sikuxi-
nezela nje, uti ke na: Ngubanina owandi-
cukumisayo? 32 Waza wasingasinga ukuba
abone lowo uyenzileyo lento. 33 Wati
kekaloku umfazi lowo enokwoyika noku-
ngcangcazela, ekwazi nje oko kwenzeki-
leyo kuye, weza wawa pantsi pambi kwake,
wamxelela yonke innyaniso. 34 Wayesiti
kuye: Ntombi! ukolo lwako lukupilisile;
hamba ngoxolo, ube upilile kwesosibulawa
sako.
35 Nxa abesateta, kwafika *abakokwabo*
umpati wendhlu yenklanganiso, besiti:
Intombi yako ifile; yinina ukuba usamka-
taza umfundisi? 36 Kuloko u-Yesu, eli-
vile nje elozwi libe litetwa, waselesiti



University of Fort Hare

kumpati wendhlu yenklanganiso: Ungo-
yiki; kolwa kodwa. 37 Akavumela 'mntu
ukuba ampeleke, kupela u-Petrosi, no-
Yakobi, no-Johane umninawe ka-Yakobi.
38 Waza wafika endhlwini yompati wen-
klanganiso, wabona isipitipiti, *nabo* aba-
belila nababesenza isijwili esikulu. 39
Wayengena wati kubo: Yinina lento ni-
ngxola nilila nokulila? umntwana akafile,
ulele 'butongo. 40 Basuka bamhleka. Ku-
loko wati, akuba ebakupile bonke, wata-
bata naye uyise womntwana, nonina, nabo
abebenaye, wangena apo alele kona um-
ntwana. 41 Waza wabamba isandhla som-
ntwana, wati kuye: Talita, kumi! oku-
kuti ngokukunyushwa: Ntombazana, nditi
kuwe, vuka! 42 Yaselisuka ke into-
mbazana leyo, yahamba; ngokuba ibili-
shumi elinesibini iminyaka yayo. Bama-
ngaliswa ke ngokumangaliswa okukulu.
43 Waza wabayala kakulu, ukuba maku-
ngaziwa 'mntu oku; wati kanjalo waxela
ukuba inikwe ukudhla.

6 Kekaloku wapuma apo, weza emzini
wakowabo; bamlandela ke abadisipile
bake. 2 Kwati kwakufika isabata, waqala
ukufundisa endhlwini yenklanganiso: baza
abaninzi bakuva bamangaliswa, besiti:
Uzuze pina lo ezizinto? kanjalo bubulumko
obunina anikwe bona, ukuba nezizenzo
zamandhla ezingaka zenziwa ngezandhla
zake? 3 lo asi nguye na oyinncibi yemiti,
unyana ka-Mariya, umzalwana ka-Yakobi,
no-Jose, no-Jude, no-Simone? abako na
nodade bake apa kuti? Baza baxakaniswa
ngaye. 4 Kuloko wabesiti kubo u-Yesu:
Umprofite akangongenakubekwa, kupela
*ungonjalo* emzini wakowabo, nasezalama-
neni zake, nasendhlwini yake. 5 Waza
wakohlwa ukwenza izenzo zamandhla
kona apo; kwapela wabeka izandhla
pezu kwento enncinane yabafayo, waba-
pilisa. 6 Wakutela nqa ke ukungakolwa
kwabo.

WATI kekaloku wajikajikela imizi epa-
hlayo, efundisa.

7 Waza wababiza abalishumi linababini,
waqala ukubatuma ngababini ngababini,
wabanika igunya pezu kwomoya abancoli-
leyo, 8 wabayalela, ukuba bangapati 'nto
ibe yeyendhlela, kupela ibe yintonga yo-
dwa; banga*pati* innxowa, nesonka, nemali
embinqweni; 9 koko mabafakwe izihla-
ngu; ize bangambati ingubo ezimbini.
10 Wayesiti kubo: Apo nisukuba ningena
kona endhlwini, hlalani apo nide nimke
kona. 11 Nabasukuba benganamkeli nina,
bengaweva namazwi enu, niti nakupuma
kona, nivutulule utuli olupantsi kwen-
nyawo zenu, kube sisinqino kubo. Ngo-
kwennene nditi kuni: Kwonyamezelekela
i-Sodome ne-Gomora ngomhla womgwebo,
ngapezu kwesosixeko. 12 Baza bemka,
bashumayela ukuba mabaguquke *abantu.*
13 Bati kanjalo bakupa idemoni ezininzi,
babatambisa ngeoli abaninzi ababesifa, ba-
bapilisa.

14 Waza ukumkani u-Herodi weva *nga-
ye,* (ngokuba igama lake libe lazekile,)
wati: u-Johane umbapitizeshi uvukile
ekufeni; kungako oku ezizenzo zamandhla
zisebenzeka kuye. 15 Bati abanye: Ngu-
Elija; bati nabanye: Ngumprofite, um-
hlaumbi ngonjengomnye wabaprofite. 16
Kodwa akuva u-Herodi, wati: Lo unguye
u-Johane, endandimnqumla inkloko; uvu-
kile yena ekufeni.

17 Ngokuba ebete u-Herodi ngokwake
watuma wambamba u-Johane, wamnxiba
entolongweni, ngennxa ka-Herodiya, um-
fazi ka-Filipi umninawe wake, ukuba
ebemzekile. 18 Ngokuba u-Johane ebesiti
ku-Herodi: Akufanelekile kuwe ukuba
ube nomfazi womninawe wako. 19 Waza
u-Herodiya wanenzondo ngakuye, wafuna
ukumbulala; kanti ebekohliwe; 20 ngo-
kuba u-Herodi ebemoyika u-Johane, emazi
ukuba uyindoda elungileyo nengcwele,
wamgcina ke; wati akumva, wenza izinto
ezininzi, wamva ngokuvuya. 21 Kwaza
kwati kwakufika imimini efanelekileyo, xe-
shekweni u-Herodi ngomhla wokuzalwa
kwake wabenzela isidhlo imiduna yake,
nenkosiwaka, nabakulu base-Galili; 22 ya-
kuti kanjalo yangena intombi ka-Herodiya
lowo, yaduda, yamkolisa u-Herodi nabo
babehleli ekutyeni ndawonye *naye,* wati
ukumkani kuyo intombazana leyo: Cela
kumi into usukuba utanda *ukuyicela,* nda-
ndiya kuyinika kuwe. 23 Waza wayifu-
ngela *ngokuti:* Into usukuba uyicela kumi,
ndokunika *yona,* kude kube sisiqingata so-
bukumkani bami. 24 Yapuma ke yati
kunina: Ndocela 'nto nina? Wayesiti: In-
kloko ka-Johane umbapitizeshi. 25 Yaza
yaselingena ngobunxamo kukumkani, ya-
cela, isiti: Nditanda ukuba undinike kwa
ngoku pezu kwesikotile inkloko ka-Johane
umbaptizeshi. 26 Waba lusizi kakulu ke



University of Fort Hare

ukumkani lowo; *kodwa*, ngennxa yesifungo
*sake* nabo babehleli ekutyeni ndawonye
*naye*, akatanda ukuyibandeza. 27 Waza
ukumkani waseletuma umvarashi, wayalela
ukuba kuziswe inkloko yake. Wapuma
ke waya wamnqumla inkloko entolongwe-
ni apo, 28 wayizisa inkloko yake pezu
kwesikotile, wayinika kwintombazana le-
yo; yaza intombazana yayinika kunina.
29 Bati bakuva abadisipile bake, beza
basusa isidumbu sake, basibeka enewa-
beni.

30 Baza bahlanganisana abapostile ku-
Yesu, bamshumayeza zonke izinto, nezo
babezenzile, nezo babezifundisile. 31 Waza
wati kubo: Yizani nina nedwa ngasese
endaweni elubala, nize nipumle kube
ngunzuzwana: ngokuba bebebaninzi aba-
besiza nababehamba, bada ababi nalo ixe-
sha elifaneleyo nokuba batye. 32 Basuka
bemkela endaweni elubala ngennqanawa
ngasese. 33 Zati izihlwele zababona be-
hamba, bamazi ke abaninzi, babalekela
kona ngennyawo bevela kuzo zonke izi-
xeko, babapangela, beza kunye kuye. 34
Waza u-Yesu epumile nje wabona abantu
abaninzi, wabetwa lusizi pezu kwabo, uku-
ba bebenjengegusha ezingenamalusi, wa-
qala ukubafundisa into ezinninzi.

35 Kekaloku sekudhlule ixesha elikulu
nje, beza kuye abadisipile bake, bati: Le-
ndawo ilubala; ixesha seliza kumka ka-
njalo: 36 bandulule, baze bemke baye
emapandhleni apahlayo nasemizini, bazite-
ngele izonka; ngokuba bengenanto yoku-
tya. 37 Kodwa wapendula wati kubo:
Bapeni nina ukuba batye. Baza bati kuye:
Simke siye kutenga izonka ngedenari zibe
makulu mabini na, sibape ukuba batye?
38 Wayesiti kubo: Zingapina izonka eni-
nazo? hambani, nikangele. Bati ke baku-
zazi: Zihlanu, nenklanzi ezimbini. 39
Waza wabayalela ukuba babahlalise pantsi
bonke ngamaqela ngamaqela etyanini obu-
luhlaza. 40 Bahlala pantsi ke ngezinklu
ngezinklu, ngezekulu nangezamashumi
mahlanu. 41 Waza watabata izonka zozi-
hlanu nenklanzi zombini, wakangela nga-
sezulwini, wabulela; waza waziqezula
izonka, wanikela kubadisipile bake, ukuze
bazibeke pambi kwabo; nenklanzi zombini
wazabela kubo bonke. 42 Batya ke bo-
nke, bahluta: 43 kanjalo kwasuswa izitya
zamaqezu zazilishumi linazibini zizele,
kwa nawenklanzi. 44 Kekaloku abo ba-
bezityile izonka ezo bebengamadoda anga
amawaka mahlanu.

45 Waza kwa oko wabanyanzela abadi-
sipile bake bangene ennqanaweni, bandu-
lele ukuya ecaleni elingapesheya ngase-
Betesayida, nxa abandulula abantu yena.
46 Wati akuba ebandulule, wemkela enta-
beni ukuya kutandaza. 47 Kwati ke kwa-
kuba kuhlwile, innqanawa ibipakati kwo-
lwandhle, esemhlabeni yena eyedwa. 48
Waza wababona bezibulala ngokuqùba
ngemipini; ngokuba ummoya ububavelela
pambili. Kekaloku ngelesine ivarasho lo-
busuku weza kubo, ehamba pezu kwolwa-
ndhle, wanga wafuna ukubadhlula. 49 Bati
bakumbona ehamba pezu kwolwandhle,
baba ngumshologu, bakala ke: 50 ngo-
kuba bonke bebembona, baxaliswa. Wa-
selesuka wateta nabo, wati kubo: Yomele-
lani; ndimi, musani ukwoyika. 51 Waza
wenyukela kubo wangena ennqanaweni,
wadamba ke ummoya: baye bemangaliswa
kakulu ke pakati kwabo pezu kwembaliso,
bati nqa. 52 Ngokuba bebengacingelanga
okwezonka; inkliziyo yabo ibilukuni nje.

53 Kekaloku nxa sebewelile, bafika
ezweni le-Genesarete, basondela elunxwe-
meni apo. 54 Bati bakupuma ennqana-
weni, basebemazi ke, 55 bapalapala kulo
lonke elozwe langakona, baqala ukuba-
twalatwala pezu kwenkùko abo banezifo,
ukuya apo bebesiva ukuba ukona. 56 Na-
lapo asukuba ebengena kona, emizini, um-
hlaumbi ezixekweni, umhlaumbi emapa-
ndhleni, babebeka abafayo ezindaweni zen-
tengo, bambongoza ukuba makebacukumise
umqukumbelo wengubo yake wodwa; baza
bonke ababemcukumisa bapiliswa.

7 KWAZA kwahlanganisana kuye abafari-
si, nabatile bakubabàli, bevela e-Yerusa-
leme; 2 abati bakubona innxennye yabadi-
sipile bake besitya izonka ngezandhla ezi-
ncolileyo, oko kukuti ngezingahlanjwanga,
bagungqa. 3 Ngokuba abafarisi, nawo onke
ama-Juda, bengatyi nxa bangahlambanga
izandhla ezifunjatiweyo, bebamba isini-
kelo sabadala. 4 Kanjalo *bakuvela* enda-
weni yentengo, abatyi nxa bangahlamba-
nga. Ziko nezinnye izinto ezinninzi aba-
zamkeleyo ukuba bazibambe, inklambo
zendebe, nebekile, nemipanda yexina, ne-
zihlalo. 5 Bandula abafarisi nababàli ba-
buza kuye, *besiti:* Kunganina ukuba aba-
disipile bako bangahambi ngokwesinikelo



University of Fort Hare

sabadala, koko batye isonka ngezandhla
ezingahlanjwanga? 6 Kodwa wapendula
wati kubo: Ulungisile u-Yisaya ukupro-
fitesha ngani 'bahanahanisi, njengokuba
kubàliwe *ngokuti:* Ababantu bayandidu-
misa ngenteto yabo, kanti inkliziyo yabo
iyakwelela kude kumi: 7 kodwa bafumana
bendibedesha, befundisa ngezifundiso ezi-
ziziyalelo zabantu. 8 Ngokuba, niwuye-
kile nje umyalelo KATIXO, nisibamba isini-
kelo sabantu, inklambo zebekile nendebe;
nez'inye izinto ezinjengezinjalo ezinninzi
niyazenza. 9 Wabesiti kubo kanjalo: Ni-
kolisile ukuwulahla umyalelo KATIXO, uku-
ze nisigcine isinikelwa senu. 10 Ngokuba
u-Mosesi etshilo ukuti: Beka uyihlo no-
nyoko; nokuti: Otukayo uyise, umhla-
umbi unina, makafe ngokufa. 11 Kanti
nina niti: Xeshekweni atshoyo umntu
kuyise, umhlaumbi kunina, ukuti: Yiko-
rebane, (oku kukuti: Ngumnikelo,) into
esukuba iyiyo ubungaba ngayo uncedwa
ndimi; 12 anisamvumeli ke ukuba enzele
uyise umhlaumbi unina into: 13 nilitshi-
tshisa nje ilizwi LIKATIXO ngesinikelo senu
enisinikeleyo: nezinto ezinjengezinjalo
ezinninzi niyazenza.

14 Waza wabiza sonke isihlwele, wati
kubo: Ndipulapuleni nonke, niqonde ke:
15 Akuko 'nto ngapandhle kwomntu engati
yakungena kuye imncolise; koko ezonto
zipuma kuye, zizo ezi ezincolisayo umntu.
16 Ukuba kuko onendhlebe zokuva, ma-
keve.

17 Kwati kekaloku okuya abengene en-
dhlwini evela esihlweleni, bambuza abadi-
sipile bake ngawo umzekeliso lowo. 18
Waza wati kubo: Ningabo abangenakuqo-
nda kangaka nani na? Aniqondi na ukuba
konke okungapandhle kwakungena em-
ntwini akungemncolise? 19 ngokuba ku-
ngangeni enkliziyweni yake, koko *kungena*
esiswini, kuze kupumele endaweni yasese,
okuhlanza konke ukutya. 20 Wayesiti:
Oko kupumayo emntwini, kuko oko oku-
ncolisayo umntu. 21 Ngokuba pakati ku-
yo inkliziyo yabantu kupuma izicamango
ezikohlakeleyo, izixerezo, imibulo, izibu-
lalo, 22 izibò, ububawa, ubumenemene,
inkohliso, ubutshinitshini, iliso elikohla-
keleyo, ugxeko, iratshi, ubugeza: 23 zonke
ezizinto ezikohlakeleyo ziyapuma pakati,
zimncolise umntu.

24 Waza wesuka apo, waya emideni
yase-Tire ne-Tsidone: wati akuba enge-
ne endhlwini, wafuna ukuba kungaziwa
'mntu; kanti ebengefihlakele. 25 Ngo-
kuba umfazi, ontombazana ibinomoya
oncolileyo, evile ngaye nje, weza wawa
pantsi ngasezinnyaweni zake; 26 (waye
kekaloku engum-Girikekazi umfazi lowo,
engowase-Siro-fenisi ngesizwe;) wamta-
ndaza ukuba idemoni ayikupe entombini
yake. 27 Koko u-Yesu wati kuye: Ma-
kuhlutiswe abantwana kuqala; ngokuba
kungafanelekile ukuba kutatyatwe isonka
sabantwana, siposwe ezinjeni. 28 Wape-
ndula ke wati kuye: Ewe, Nkosi! ngokuba
nezinja zisitya ngapantsi kwetafile kwim-
vutuluka zentsapo. 29 Waza wati kuye:
Hamba ngennxa yelilizwi; idemoni ipu-
mile kwintombi yako. 30 Wemka ke
waya endhlwini yake, wafumana idemoni
ipumile, nentombi ilele elukùkweni.

31 Wati kekaloku wabuya wapuma emi-
deni yase-Tire ne-Tsidone, weza ngase-
lwandhle lwase-Galili, *ehamba* pakati
kwemida yase-Dekapolisi. 32 Baza bazisa
kuye isitulu esitintitayo, bambongoza uku-
ba abeke isandhla pezu kwaso. 33 Waza
wasipambukisa esihlweleni ngaseso, wa-
faka iminwe yake ezindhlebeni zaso, wati
etshicile wacukumisa ulwimi lwaso, 34
waza wakangela ngasezulwini, wagula,
wati kuso: Efata! oko kukuti: Vuleka!
35 Zasezivulwa ke indhlebe zaso, wati
umbambo wolwimi lwaso wakululeka, sa-
lungisa ukuteta. 36 Waza wabayala uku-
ba mabangaxeleli 'mntu: kodwa njengoko
wabayalayo, bashumayela kwa ngako nga-
kumbi kakulu. 37 Kanjalo babemangali-
swa pezu kwembaliso, besiti: Uzenzile
zonke izinto ngokulungileyo; nezitulu
uyazenza ukuba zive, nezidenge ukuba
ziteto.

8 NGALEYOMIHLA, isihlwele sisikulu
kakulu nje, bengenanto yokutya kanja-
ko, wababiza u-Yesu abadisipile bake, wati
kubo: 2 Ndibetwa lusizi pezu kwesi-
hlwele, ukuba kuse kuntsuku ntatu behlala
nami, bengenanto yokutya: 3 kanjalo xe-
shekweni ndibandulula bengatyanga ukuya
ezindhlwini zabo, baya kucubuka endhle-
leni: ngokuba bevele kude innxennye ya-
bo. 4 Baza bapendula kuye abadisipile
bake, *besiti:* Umntu apa angahlutisa aba
ngezonka ezivela pina besenklango? 5
Wayebuza kubo, *esiti:* Izonka eninazo
zingapina? Bati ke: Zisixenxe. 6 Waza



University of Fort Hare

wayalela isihlwele ukuba sihlale pantsi em-
hlabeni. Waza watabata izonka zozixenxe,
wabulela, waqezula, wanikela kubadisipile
bake, ukuze babeke pambi *kwabo:* baza
babeka pambi kwesihlwele. 7 Babenayo
nento encinane yenklanzana: waza wa-
bulela, waxela ukuba bazibeke pambi
*kwabo* nazo. 8 Batya ke, bahluta: kanjalo
kwasuswa amaqezu aseleyo, ingobozi zazi-
sixenxe. 9 Kekaloku abo babetyile, ngati
bebengamawaka mane: waza wabandulula.

10 Wati kekaloku kwa oko wangena
ennqanaweni kunye nabadisipile bake,
weza ezahlulweni zase-Dalamanuta.

11 Baza bapuma abafarisi, baqala uku-
buzisana naye, befuna kuye umqondiso
uvela ezulwini, bemlinga. 12 Waza wa-
gula kakulu emmoyeni wake, wati: Yi-
nina ukuba esisizukulwana sifune umqo-
ndiso? ngokwennene nditi kuni: Akuyi
kunikwa kwesisizukulwana umqondiso.
13 Wasuka wabashiya, wabuya wangena
ennqanaweni, wemkela ecaleni elingape-
sheya.

14 Kekaloku bebelibele ukutabata *nabo*
izonka, benesonka sasinye sinabo ennqa-
naweni kwapela. 15 Waza wabayala, esi-
ti: Lumkani, lumkelani igwelo labafarisi
negwelo lika-Herodi. 16 Baza babuzana
omnye nomnye, besiti: *Utsho,* ngokuba si-
ngenazo izonka. 17 Wayekwazi *oku* u-
Yesu wati kubo: Yinina ukuba nibuzane,
ngokuba ningenazo izonka? Anikaqondi
na? aniqiqi na kanjalo? ninenkliziyo yenu
iselukuni na? 18 ninawo amehlo nje, ani-
boni na? ninazo nendhlebe nje, aniva na?
aninako nokukumbula na? 19 Okuya nda-
ndiqezula izonka zozihlanu pakati kwama-
waka amahlanu, nasusa zazingapina izitya
zizele ngamaqezu? Bati kuye: Zalishumi
linesibini. 20 Nokuya *ndandiqezula* zozi-
xenxe pakati kwamawaka amane, nasusa
zazingapina ingobozi zizele ngamaqezu?
Baye besiti: Zasixenxe. 21 Waza wati
kubo: Yinina lento ningaqiqi?

22 Weza kekaloku e-Betesayida: baza
bazisa kuye imfama, bambongoza ukuba
makayicukumise. 23 Waza wabamba isa-
ndhla semfama, wayitundezela ngapandhle
kwomzi: wati kanjalo watshicela eme-
hlweni ayo, wabeka izandhla pezu kwayo,
wayibuza ukuba kuko na into iyibonayo.
24 Yakangela pezulu ke yati: Ndiyabona
abantu, endibabonayo njengemiti behamba.
25 Wandula wabuya wabeka izandhla
pezu kwamehlo ayo, wayikangelisa pe-
zulu: yaza yabuya yenziwa njengapambili,
yababona kwa bonke ngokumhlope. 26
Waza wayituma iye endhlwini yayo, esiti:
Ungangeni emzini ke, ungaxeleli 'mntu
emzini kanjako.

27 Kekaloku wapuma u-Yesu nabadisi-
pile bake baya emizini yase-Kesareya-
filipi: waza wati endhleleni wabuza kuba-
disipile bake, esiti kubo: Ngubanina abati
abantu ndinguye? 28 Bapendula ke, *besiti:*
*Kutwa* ngu-Johane umbapitizeshi; *bati* na-
banye ngu-Elija; *bati* kodwa abanye ngo-
wabaprofite. 29 Waza yena wati kubo:
Kodwa ngubanina eniti nina ndinguye?
Wapendula u-Petrosi wati kuye: Wena
unguye u-Krestu. 30 Waza wabayala ka-
kulu ukuba mabangaxeleli 'mntu ngaye.

31 Wandula waqala ukubafundisa oko-
kuba unyana wesintu ufanele ukuva inklu-
ngu ezinninzi, nokulahlwa ngabo abadala
nabaperisite abakulu nababàli, nokubulawa,
nokuti emveni kwemihla mitatu abuyo
avuke. 32 Kekaloku ebeteta esositeto
ekuhleni. Waza u-Petrosi wamtabatela
kuye waqala ukumtetisa. 33 Koko ejikile
ke, wakangela abadisipile bake, wamtetisa
u-Petrosi, esiti: Yiya emva kwami, Sata-
ne! ngokuba unganyamekeli izinto ZIKA-
TIXO, *unyamekela* izinto zabantu nje.

34 Waza wabiza isihlwele kwa nabadi-
sipile bake, wati kubo: Osukuba efuna
ukuza emva kwami, makazikanyeze, apate
ikuruse yake, andilandele. 35 Ngokuba
lowo usukuba efuna ukulondoloza ubomi
bake, buya kumlahleka; nosukuba elahle-
kana nobomi bake ngennxa yami na*ngen-
nxa* yevangeli, oyena wobulondoloza. 36
Ngokuba kuya kunceda 'nto nina umntu,
ukuba walizuza ilizwe lonke, waza wala-
hlekelwa ngumpefumlo wake? 37 kanjalo
uya kunika 'nto nina umntu ibe lixabiso
elilingana nawo umpefumlo wake? 38
Ngokuba lowo usukuba enenkloni ngami
nangamazwi ami kwesisizukulwana esibu-
rexeza nesonayo, woti nonyana wesintu
abe nenkloni ngaye, akuza ebungcwali-
seni BOYISE kunye nengelosi ezingcwele.

9 Wayesiti kubo: Ngokwennene nditi
kuni: Bako innxennye yabemiyo apa,
abangasayi kuva ukufa, bade babone ubu-
kumkani BUKATIXO buzile ngamandhla.

2 WAZA u-Yesu emveni kwentsuku
'ntandatu watabata naye u-Petrosi, no-



University of Fort Hare

Yakobi, no-Johane, wabanyusela entabeni
ende ngasese bebodwa. Waza wenziwa
ngakumbi isimilo sake pambi kwabo, 3
zati izivato zake zaba zibengezela, zi-
mhlope kakulu njengengqweqwe, ngendawo
ekungeko 'msuki emhlabeni ongazenzayo
zibe mhlope kangaka. 4 Kwati kekaloku
kwabonakala kubo u-Elija ndawonye no-
Mosesi, ababeteta no-Yesu. 5 Waza wa-
pendula u-Petrosi wati ku-Yesu: Rabi!
kulungile ukuba sibe lapa; masenze ke
amapempe abe matatu, elinye libe lelako,
elinye libe lelika-Mosesi, elinye libe le-
lika-Elija. 6 Ngokuba ebengazi ukuba
woteta 'nto nina; ngokuba bebesoyika ka-
kulu. 7 Kwaye kuko nelifu libasibeke-
lela; kanjalo kwavela ilizwi elifini, *lisiti:*
Lo ungunyana wami otandiweyo; mveni
yena. 8 Baza bati bakusingasinga ngo-
kwalama, ababi sabona 'mntu, kupela u-
Yesu yedwa enabo.

9 Kekaloku bakuhla entabeni, wabayala
ukuba mabangabaliseli 'mntu izinto aba-
bezibonile, xeshekweni angekatanga unya-
na wesintu wavuka ekufeni. 10 Nelozwi
balibamba pakati kwabo, bebuzisana ukuba
kukuti nina ukuvuka ekufeni. 11 Baza
bambuza, besiti: Yinina lento ababàli bati:
u-Elija ufanele ukuza tanci? 12 Wape-
ndula wati kubo: u-Elija okunene esiza
tanci, uyabuya amise into zonke; nokuba
kutiwe nina ukubàlwa ngaye unyana wesi-
ntu, ukuba eve inklungu ezinninzi, adelwe
nokudelwa. 13 Koko nditi kuni: u-Elija
selezile, benza ngakuye kanjako konke ba-
kwenzayo, njengokuba kubàliwe ngaye.

14 Kekaloku akufika kubadisipile, wa-
bona isihlwele esikulu sibapahla, nababàli
bebuzisana nabo. 15 Sasesisiti ke sonke
isihlwele sakumbona, samangaliswa ka-
kulu, beza ngokubaleka bambulisa. 16
Waza wabuza kubabàli, *esiti:* Nibuzisana
nabo ngandawo nina? 17 Waza wape-
ndula owasesihlweleni, wati: Mfundisi!
ndizisile unyana wami kuwe, enomoya
ongatetiyo; 18 oti kekaloku apo asukuba
emqubula kona, amti kahla; aze axape
amagwebu, atshixize amazinyo ake, ashwa-
bane ke: ndaza ndateta kubadisipile bako
ukuba mabamkupe; bakohlwa ke. 19
Wampendula wati: Sizukulwana esinga-
kolwayo! ndobako kuni kude kube nini-
na? ndoninyamezela kude kube ninina?
mziseni kumi. 20 Bamzisa ke kuye: wati
akumbona, waselesiti umoya wamruzula;
wawa pantsi emhlabeni ke, waqikileka
exapa amagwebu. 21 Waza wabuza ku-
yise, *esiti:* Lixesha elingakananina lento
isel' imhlile? Wayesiti: Kuseloko ebe-
ngumntwana: 22 waye kwa futi emposile
nasemlilweni nasemanzini, ukuze ambu-
bise: kodwa ukuba ungenza into, yiba
nosizi pezu kwetu, usisize. 23 Wayesiti
u-Yesu kuye: Ukuba ungakolwa, zonke
izinto ziyenzekela okolwayo. 24 Waza
waseledanduluka uyise womfana, wati
enenuyembezi: Ndiyakolwa, Nkosi! siza
ukungakolwa kwami. 25 Kekaloku aku-
bona u-Yesu ukuba abantu bebebalekela
endaweni 'nnye, watetisa umoya oncoli-
leyo, wati kuye: Wena 'moya ongatetiyo
ongevayo! ndiyakuyalela mina, puma ku-
ye, uze ungabi sangena kuye. 26 Waza
wadanduluka, wamruzula kakulu, wapuma
ke; wati *umfana* waba njengokungati ufile,
bada bati abaninzi: Ufile. 27 Kodwa
u-Yesu wambamba ngesandhla, wamvusa;
wesuka wema ke.

28 Wati kekaloku akungena endhlwini,
abadisipile bake bambuza ngasese, *besiti:*
Yinina lento sibe sikohliwe kukumkupa
tina? 29 Waza wati kubo: Oluhlobo alu-
ngepume nganto kupela ngokutandaza na-
ngokuzila ukutya.

30 Baza bapuma kona, bacanda e-Galili;
waye engavumi ke ukuba kube ngowaziyo.
31 Ngokuba ebefundisa abadisipile bake,
wati kubo: Unyana wesintu uyanikelwa
ezandhleni zabantu, abaya kumbulala;
waeya kuti akuba ebulewe, abuye avuke
ngomhla wesitatu. 32 Kodwa bebenga-
qondi esositeto; bebesoyika ukumbuza ka-
njalo.

33 Baza bafika e-Kapenayume: wati
akuba sendhlwini, wababuza, *esiti:* Nibe
nipikisana pakati kwenu nganto nina en-
dhleleni? 34 Baye besiti tu ke; ngokuba
bebepike omnye nomnye endhleleni, ngu-
banina omkulu kwabanye. 35 Waza wa-
hlala pantsi, wabiza abalishumi linababini,
wati kubo: Ukuba kuko ofuna ukuba ngo-
wokuqala, uya kuba ngowokugqibela kubo
bonke, nomkonzi wabo bonke. 36 Waza
watabata umntwana, wammisa pakati kwa-
bo; wandula wamsingata ngengalo, wati
kubo: 37 Osukuba esamkela omnye wa-
bantwana abanjalo egameni lami, uya-
mkela mina; nosukuba esamkela mina,
akamkeli mina, koko *esamkela* lowo wa-
nditumayo.



University of Fort Hare

38 Waza wapendula kuye u-Johane,
esiti: Mfundisi! sabona umntu ezikupa
idemoni ngegama lako, ongasilandeliyo;
saza samalela, ukuba engasilandeli. 39
Kodwa u-Yesu wati: Ningamaleli; ngo-
kuba kungeko 'mntu oya kwenza isenzo
samandhla egameni lami, aze ahle ange
angateta kakubi ngami. 40 Ngokuba
ongalani nati engecala letu. 41 Ngokuba
osukuba eniseza indebe yamanzi egameni
lami, ngennxa yokuba ningabaka-Krestu,
ngokwennene nditi kuni, akayi kulahle-
kana nomvuzo wake nakanye. 42 Nosu-
kuba exakanisa omnye wabo 'bancinane
bakolwayo kumi, kulungele yena ngaku-
mbi, ukuba ilitye lokusila belibotshwa
ngasentanyeni yake, waza waposelwa e-
lwandhle.
43 Kanjalo xeshekweni isandhla sako
sikuxakanisa, sinqumle; kulungele wena
ukuba ungene ebomini usisilima, ngapezu
kwokuba uti, unezandhla zibini, umkele
esihogweni, emlilweni ongacimekiyo, 44
apo impetu yabo ingafiyo, nomlilo ungaci-
nywayo. 45 Naxeshekweni unyawo lwako
lukuxakanisa, lunqumle; kulungele wena
ukuba ungene ebomini usisiqwala, ngapezu
kwokuba uti, unennyawo 'mbini, uposwe
esihogweni, emlilweni ongacimekiyo, 46
apo impetu yabo ingafiyo, nomlilo unga-
cinywayo. 47 Naxeshekweni iliso lako
likuxakanisa, likupe; kulungele wena u-
kuba ungene ebukumkanini BUKATIXO une-
liso linye, ngapezu kwokuba uti, unamehlo
mabini, uposwe esihogweni somlilo, 48
apo impetu yabo ingafiyo, nomlilo unga-
cinywayo.
49 Ngokuba bonke beya kumvumvu-
zelwa ngomlilo, nawo onke amadini aya
kumvumvuzelwa ngetyuwa. 50 Ityuwa
yinto elungileyo; kodwa xeshekweni
ityuwa yenziwe ingenabutyuwa, niya ku-
yivakalisa nganto nina? Yibani netyuwa
pakati kwenu, nixolane omnye nomnye.

10 KEKALOKU esukile apo, weza emi-
deni yase-Judeya, ngecala elingape-
sheya kwe-Yordane: zati izihlwele za-
buntela kuye kanjako; waza wazifundisa
kanjako, njengokuba ebeqelile ukwenje
njalo.
2 Kweza kuye nabafarisi, bambuza u-
kuba kufanelekile endodeni na ukulahla
umfazi, bemlinga. 3 Wapendula wati
kubo: Ubeniyalele 'nto nina u-Mosesi?
4 Bati ke: u-Mosesi ubevumela ukuba
kubàlwe innewadi yokwahlukanisa, nokuba
kulahlwe. 5 Waza wapendula u-Yesu
wati kubo: Ngennxa yobulukuni benkli-
ziyo zenu wanibàlela lomyalelo; 6 kodwa
kwa sekuqaleni kwokudalwa, UTIXO wa-
benza indoda nomfazi. 7 Ngennxa yoku
umntu uya kushiya uyise nonina, ana-
matele emfazini wake, 8 baze abo 'babini
babe yinnyama 'nnye. Ngako oko abase-
babini, bayinnyama 'nnye. 9 Ngoko ke,
oko UTIXO akubandakanyileyo, makunga-
hlulwa 'mntu.
10 Bati endhlwini ke abadisipile bake
babuya bambuza ngaleyo*ndawo*. 11 Waza
wati kubo: Osukuba elahla umfazi wake,
aze azeke omnye, uyarexeza ngakuye. 12
Kanjalo ukuba umfazi uyalahla indoda
yake, aze ende kwennye, ayarexeza *naye*.
13 Kwaza kwaziswa kuye abantwana,
ukuze abacukumise: koko abadisipile
babebatetisa abo babebazisa. 14 Kodwa
akubona *oko* u-Yesu, waqumba kakulu,
wati kubo: Vumelani abantwana ukuza
kumi, ize ningabaleli: ngokuba ubuku-
mkani BUKATIXO bubobabanjalo. 15 Ngo-
kwennene nditi kuni: Osukuba engamkeli
ubukumkani BUKATIXO njengomntwana,
akasayi kuza angene kubo. 16 Waza wa-
basingata ngengalo, wabeka izandhla pezu
kwabo, wabatamsanqelisa.
17 Kekaloku akupumela endhleleni, kwe-
za *umntu* otile ngokubaleka, waguqa pantsi
kuye, wambuza, *esiti*: Mfundisi olungi-
leyo! ndiya kwenza 'nto nina ukuze ndi-
dhle ilifa lobomi obungunapakade? 18
Wayesiti u-Yesu kuye: Yinina ukuba uti
ndingolungileyo? akuko olungileyo, ku-
pela umnye, ONGUTIXO. 19 Imiyalelo uya-
yazi: Akuyi kurexeza; akuyi kubulala;
akuyi kubà; akuyi kunqìna ubunqìna obu-
buxoki; akuyi kulumkisa; beka uyihlo
nonyoko. 20 Wapendula wati kuye:
Mfundisi! ezizinto zonke ndizibambile
kwa sebutsheni bami. 21 Waza u-Yesu
emkangele wamtanda, wati kuye: Innye
into uyisweleyo: hamba, uye utengise
ngako konke onako, upe amahlwempu,
wauya kuba nendyebo ezulwini; uze ke,
yipate ikuruse, ulandele mina. 22 Kodwa
wati kunubembe ngelozwi, wemka elusizi;
ngokuba ebe enazo imfuyo ezinninzi.
23 Waza wasingasinga u-Yesu, wati
kubadisipile bake: Kungento enqabileyo
kangakananina ukuba abo banobutyebi



University of Fort Hare

baya kungena ebukumkanini BUKATIXO!
24 Bati kekaloku abadisipile batela nqa
amazwi ake. Kodwa u-Yesu wabuya wa-
pendula, wati kubo: Lusapo! kunqabile
kangakananina ukuba abo batembela ebu-
tyebini bangene ebukumkanini BUKATIXO!
25 Kulula ukuba inkamela ipumele entu-
njeni yesinalite, pezu kwokuba isityebi
singene ebukumkanini BUKATIXO. 26 Ba-
bemangaliswa ngakumbi ke, besiti pakati
kwabo: Ngubanina kanti ongasindiswayo?
27 Koko u-Yesu ebakangele wati: Eba-
ntwini akwenzeki *oku*, kodwa aku*kokunge-
nzekiyo* KUTIXO; ngokuba zonke izinto zise-
nzeka KUTIXO.

28 Waza waqala u-Petrosi ukuti kuye:
Bona ke, tina sikushiyile konke, salandela
wena. 29 Wapendula u-Yesu wati: Ngo-
kwennene nditi kuni: Akuko 'mntu oshi-
yileyo indhlu, umhlaumbi abaninawe, um-
hlaumbi odade, umhlaumbi uyise, umhla-
umbi unina, umhlaumbi umfazi, umhlaumbi
abantwana, umhlaumbi amasimi, ngenxa
yami na*ngenxa* yevangeli, 30 ongayi kuti
kaloku nje kwelixesha amkele ngekulu, i-
zindhlu, nabaninawe, nodade, nonina, naba-
ntwana, namasimi, kunye nazo intshutshiso,
nakwelolizwe lizayo ubomi obungunapa-
kade. 31 Kodwa baninzi abangabokuqala
abaya kuba ngabokugqibela, nabangaboku-
gqibela *abaya kuba* ngabokuqala.

32 KEKALOKU bebesendhleleni be-
nyukela e-Yerusaleme: waye u-Yesu ebe-
hamba pambili kubo; baza bati nqa, bati
belandela boyika. Wabuya watabatela
kuye abalishumi linababini, waqala uku-
baxelela izinto eziza kumhlela, 33 esiti:
Bona ke, siyanyukela e-Yerusaleme, waeya
kuti unyana wesintu anikelwe kubaperisite
abakulu nakubabàli, abaya kumgweba
ukuba afe, bamnikele kubaheyideni; 34
babeya kumhleka, bambete, bamtshicele,
bambulale; woti ngomhla wesitatu abuye
avuke.

35 Baza basondela kuye u-Yakobi no-
Johane onyana baka-Zebedi, besiti: Mfu-
ndisi! singa ungasenzela into esukuba
sicela yona. 36 Wayesiti kubo: Ninga
ndinganenzela 'nto nina? 37 Baye besiti
kuye: Sipe okokuba sihlale, omnye abe
ngasekunene kuwe, omnye abe ngasekohlo
kuwe, ebungcwaliseni bako. 38 Koko
u-Yesu wati kubo: Aniyazi into eniyice-
layo. Ningasela na endebeni endisela
kuyo mina? nobapitizesho endibapitize-
shwa ngalo mina, ningabapitizeshwa ngalo
na? 39 Baye besiti kuye: Singenje njalo.
Wati ke u-Yesu kubo: Londebe okunene
endisela kuyo mina, niya kusela kuyo,
nobapitizesho endibapitizeshwa ngalo mina,
niya kubapitizeshwa ngalo; 40 kodwa
ukuhlala ngasekunene kumi nangasekohlo
kumi asi kuko okwami ukupa, kupela *ukupa*
abo balungiselwe kona.

41 Baza bati abalishumi bakuva *oku*,
baqala ukuqumbela u-Yakobi no-Johane
kakulu. 42 Koko u-Yesu wababiza wati
kubo: Niyazi ukuba abo babalwayo
ngokuba zinkosi zabaheyideni bayabapata
ngobukosi, nokuba abakulu babo bayenza
ngegunya pezu kwabo. 43 Kodwa akuyi
kuba njalo pakati kwenu; koko osukuba
efuna ukuba mkulu pakati kwenu, woba
ngumkonzi wenu; 44 nowakuni osukuba
efuna ukuba ngowokuqala, woba sisicaka
sabo bonke: 45 ngokuba nonyana wesintu
ebengezanga ukuza kukonzwa, koko *weza*
ukukonza, nokunika ubomi bake bube
yinklaulelo yabaninzi.

46 Baza bafika e-Jeriko: kwakute nxa
ebepuma e-Jeriko, kwa nabadisipile bake,
nento emninzi yabantu, u-Baratimeyu
oyimfama, unyana ka-Timeyu, wabehleli
ngasendhleleni enqiba. 47 Wati akuva
ukuba ngu-Yesu wase-Nazarete, waqala
ukudanduluka nokuti: Yesu, nyana ka-
Davide! yiba netaru kumi. 48 Baza
abaninzi bamyala, ukuba ati tu: kodwa
wayedanduluka ngento enkulu ngakumbi,
*esiti:* Nyana ka-Davide! yiba netaru
kumi. 49 Waza wema u-Yesu waxela
ukuba makabizwe: basuka bambiza oyim-
fama, besiti kuye: Yomelela; vuka, uyaku-
biza. 50 Waselelahla ingubo yake, we-
suka, weza ku-Yesu. 51 Waza wapendula
u-Yesu wati kuye: Unga ndingakwenzela
'nto nina? Wayesiti oyimfama kuye:
Raboni! ndinga ndingamkela ukubona
kwami. 52 Wayesiti u-Yesu kuye: Hamba;
ukolo lwako lukupilisile. Waza kwa oko
wamkela ukubona kwake, wamlandela u-
Yesu endhleleni.

11 KEKALOKU xeshekweni basonde-
layo e-Yerusaleme, e-Betefage nase-
Betaniya ngasentabeni yeminquma, wa-
tuma ababini bakubadisipile bake, 2 wati
kubo: Hambani niye emzini omalungana
nani; nose niti ke nakungena kuwo, nifu-



University of Fort Hare

mane iqwarashana libotshelelwe, ekunga-
hlalanga namnye umntu pezu kwalo: liku-
luleni nilizise. 3 Nokuba umntu uti kuni:
Yinina ukuba nenze oku? yitini: Inkosi
iyalifuna: wosel' elituma apa ke. 4
Basuka bemka, baya balifumana iqwara-
shana libotshelelwe ngaselucangweni nga-
pandhle ekuhlanganeni kwendhlela, bali-
kulula. 5 Baza innxennye yabebemi kona
bati kubo: Nenza 'nto nina nikulula nje
iqwarashana? 6 Koko batsho kubo kwa
njengokuba ebeyalele u-Yesu: baza ba-
bayeka. 7 Bandula balizisa iqwarashana
ku-Yesu, baposa pezu kwalo ingubo zabo;
waza wahlala pezu kwalo. 8 Bati abaninzi
bandhlala ingubo zabo endhleleni; be-
besiti abanye bagaula amagatya emitini,
bawandhlala endhleleni. 9 Baza abo babe
behamba pambili, nabo babe belandela, ba-
danduluka, besiti: Hosana! Makatanyu-
sanqeliswe ozayo egameni LIKAYEHOVA! 10
Mabutanyusanqeliswe ubukumkani bobawo
wetu u-Davide, obuzayo egameni LIKAYE-
HOVA! Hosana ennyangweni yapezulu!
11 Waza u-Yesu wangena e-Yerusaleme,
nasetempileni; wati akusingasingela zonke
izinto, kuse kuhlwile nje, wapuma waya e-
Betaniya kunye nabalishumi linababini.
12 Kekaloku ngomhla olandelayo, nxa
bebepumile e-Betaniya, walamba. 13 Wati
akubona umkiwane ekude, unamagqabi,
weza ukuba umhlaumbi wofumana into
kuwo; (wati akufika kuwo, wafumana
amagqabi kwapela;) ngokuba bekungeli-
xesha lamakiwane. 14 Waza wapendula
u-Yesu, wati kuwo: Makungabi satyiwa
ngumntu isiqamo kuwe kude kube nguna-
pakade. Babesiva ke abadisipile bake.
15 Baza bafika e-Yerusaleme: waza u-
Yesu engene etempileni waqala ukugxota
bonke ababetengela nababetenga etempi-
leni, wazipenula itafile zabananeli bemali,
nezihlalo zababetengisa ngamahobe, 16
engavumeli nokuba umntu acande etempi-
leni etwele impahla. 17 Wati kanjalo
wafundisa, esiti kubo: Akubàliwe na ukuti:
Indhlu yami iya kubizwa ngokuti yindhlu
yokutandaza kuzo zonke inklanga? kanti
nina niyenzile umqolomba wamabada.
18 Baza beva ababàli nabaperisite aba-
kulu, bafuna ukuba boti nina ukumbubisa;
ngokuba bebemoyika, kuba isihlwele sonke
sibe simangaliswa pezu kwesifundiso sake.
19 Waza wati, nxa kuse kuhlwile, wa-
puma pandhle kwesixeko.

20 Kekaloku kwakusa, bakudhlula, ba-
bona umkiwane ukuba ubunile kwada kwa-
sezingcanjeni. 21 Waza u-Petrosi eku-
mbule nje wati kuye: Rabi! kangela, um-
kiwane owabuqalekisa wona ubunile. 22
Waza wapendula u-Yesu wati kubo: Yi-
bani nokolo KUTIXO. 23 Ngokuba ngo-
kwenene ndisiti kuni: Osukuba esiti ku-
lentaba: Yiba ususwa, uposelwe elwandhle;
aze angatandabuzi enkliziyweni yake, koko
akolwe ukuba izinto azitetayo ziyenzeka;
uya kuba nako oko asukuba esitsho kona.
24 Ngenxa yoku nditi kuni: Zonke
izinto enisukuba nizicela nitandaza, ko-
lwani ukuba niyazamkela, naniya kuba
nazo. 25 Naxeshekweni nimi nitandaza,
xolelani, ukuba ninendawo ngasemntwini;
ukuze ati NOYIHLO osezulwini anixolele
nina iziposo zenu. 26 Kodwa ukuba nina
anixoleli, kanjalo UYIHLO osezulwini akayi
ku*ni*xolela iziposo zenu.
27 Baza babuya bafika e-Yerusaleme:
kekaloku akuhamba etempileni, kweza
kuye abaperisite abakulu, nababàli, naba-
dala, 28 bati kuye: Uzenza ezizinto nge-
gunya lanina? kanjalo ngubanina owanika
eligunya kuwe, lokuba ezizinto uzenze?
29 Koko u-Yesu wapendula wati kubo:
Nami ndobuza kuni indawo ibe 'nnye, nize
nindipendule, ndandiya kunixelela kunge-
lanina igunya endizenza ezizinto: 30 Uba-
pitizesho luka-Johane beluvela ezulwini,
beluvela ebantwini, kusinina? ndipendu-
leni. 31 Baza batelekelela ngokwabo, be-
siti: Ukuba siti: Ezulwini; woti: Kunga-
nina pofu ukuba anikolwanga nguye? 32
Koko ukuba siti: Ebantwini; bebesoyika
abantu; ngokuba kwa bonke bebembala
u-Johane ukuba ebengumprofite ngokwe-
nyaniso. 33 Baza bapendula bati ku-Yesu:
Asazi. Wapendula no-Yesu wati kubo:
Nami andixeleli nina kungelanina igunya
endizenza ezizinto.

12 Waza waqala ukuteta kubo ngemize-
keliso, *esiti:* Umntu *otile* watyala isi-
tiya, wasibiyela ngotango, wembela ifatye
yeveyine, waka innqaba, wasiqeshisela ku-
balimi, waza wahambela kwelinye ilizwe.
2 Wati ngexesha elifanelekileyo watuma
kubalimi isicaka, ukuze samkele kubalimi
kwiziqamo zesitiya. 3 Kodwa basitabata
basityabula, basindulula singenanto. 4
Waza wabuya watuma kubo esinye isicaka;
neso basigibisela ngamatye basenzela
inxeba enkloko, basindulula sipetwe ngento



University of Fort Hare

ehlazekileyo. 5 Wabuya watuma nesinye;
neso basibulala: kwa nezinye ezininzi,
innxennye bezityabula, innxennye bezibu-
lala. 6 Ngako esenonyana emnye, umta-
ndwa wake, wamtuma naye kubo ngo-
kugqibela, esiti: Baya kumhlonela unyana
wami. 7 Kodwa abalimi abo batsho pakati
kwabo ukuti: Lo uyindhlalifa; yizani,
masimbulale, lize ilifa libe leletu. 8 Baza
bamtabata bambulala, bamkupela nga-
pandhle kwesitiya. 9 Uya kwenza 'nto
nina ngoko umninisitiya? uya kuza atsha-
balalise abobalimi, anike isitiya kwabanye.
10 Anileseshanga na esisibàlo *sokuti:* Ilitye
babelilahlile abaki, elona laba yinkloko
yegumbi; 11 bekukukwenza KUKAYEHOVA
oku, kungummangaliso ke emehlweni
etu?

12 Baye befuna ukumbamba, kanti
basoyika isihlwele; ngokuba bebenakene
ukuba lomzekeliso wawuteta ngakubo;
baza bamshiya bemka.

13 BAZA batuma kuye abatile baku-
bafarisi nakubaherodi, ukuze bambabise
ngokuteta. 14 Beza ke bona bati kuye:
Mfundisi! siyazi ukuba uyinnene, unga-
katali ngumntu; ngokuba ungabuki ubuso
babantu, koko ufundisa indhlela KATIXO
ngokwennyaniso: kufanelekile ukunika
umnikelo ku-Kesare, aku*fanelekile*, kusi-
nina? 15 sinike, singaniki, kusinina?
Kodwa yena ebazi ubuhanahaniso babo,
wati kubo: Yinina ukuba nindilinge?
ndiziseleni idenari, ukuze ndi*yi*bone. 16
Ba*yi*zisa ke. Waza wati kubo: Ngoka-
banina lomfanekiso nesibàlwa? Bati ke
kuye: Ngoka-Kesare. 17 Waza wape-
ndula u-Yesu wati kubo: Nikelani izinto
ziká-Kesare kuye u-Kesare, nezinto ZIKA-
TIXO kuye UTIXO. Bati nqa ke pezu kwake.

18 Kwaza kweza abasadusi kuye, abati
akuko 'luvuko, bambuza, besiti: 19 Mfu-
ndisi! u-Mosesi wasibàlela ukuti: Xeshe-
kweni kufayo umkuluwe womntu, aze a-
shiye umfazi emva *kwake*, angashiyi aba-
ntwana, makati umninawe wake azeke
umfazi wake, amvusele umkuluwe wake
inzalo. 20 Bekuko abazalwana abasixenxe:
waza owokuqala wazeka umfazi, wati
ebuba nje akashiya 'nzalo. 21 Waza owesi-
bini wamzeka, wafa, wati naye akashiya
'nzalo. Wenje njalo nowesitatu. 22 Bam-
zeka ke abasixenxe, bengashiyanga 'nzalo.
Emveni kwabo bonke wafa nomfazi.
23 Ngako eluvukweni, xeshekweni babuya
bavuke, woba ngumfazi wawupina kubo?
ngokuba abasixenxe bebenaye engumfazi.
24 Waza wapendula u-Yesu wati kubo:
Aniposisi ngako oku na, ningazi nje izibàlo,
kwa namandhla KATIXO? 25 ngokuba,
xeshekweni babuya bavuke, bengazeki,
bengendiswa kanjako, koko benjengen-
gelosi ezisezulwini. 26 Kodwa ngabo
abafileyo, ukuba bayavuka, anileseshanga
na ennewadini ka-Mosesi, endaweni ye-
tyolo, okokuba UTIXO wateta kuye, esiti:
Mina ndiNGUTIXO ka-Abrahame, NOTIXO ka-
Yisake, NOTIXO ka-Yakobi? 27 akaNGUTIXO
wabafileyo, UNGUTIXO wabahleliyo: nina
ngoko niyaposisa kakulu.

28 Waza omnye wakubabàli, obebavile
bebuzisana, esazi ukuba ulungisile ukuba-
pendula, weza wambuza, *esiti:* Nguwupina
owokuqala umyalelo kuyo yonke? 29
Wati u-Yesu ukumpendula: Owokuqala
kuyo yonke imiyalelo *ungowokuti:* Pula-
pula, Sirayeli! UYEHOVA, UTIXO wetu,
UNGUYEHOVA emnye: 30 wauya kumta-
nda UYEHOVA, UTIXO wako, ngayo yonke
inkliziyo yako, nangawo wonke umpe-
fumlo wako, nangayo yonke ingqondo yako,
nangawo onke amandhla ako. Nguwo lo
owokuqala umyalelo. 31 Nowesibini ufana
*nawo*, lo *wokuti:* Uya kutanda ummelwane
wako njengokuzi*tanda* kwako. Akuko 'mya-
lelo wumbi umkulu kulé. 32 Waza umbàli
lowo wati kuye: Ulungisile, Mfundisi!
ukutsho ngokwennyaniso: ngokuba UTIXO
emnye, kungeko wumbi ngapandhle kwa-
ke; 33 nokutanda yena ngayo yonke
inkliziyo, nangayo yonke ingqondo, na-
ngawo wonke umpefumlo, nangawo onke
amandhla, nokutanda ummelwane njengoko
*umntu azitanda* ngako, kuyinto enkulu kuwo
onke amadini okutshiswa nemibingo. 34
Waza u-Yesu, akubona ukuba upendule
ngobutelekelelo, wati kuye: Akukude
kubo ubukumkani BUKATIXO. Kwaza a-
kwabi sabiko 'mntu onokukalipa kwokum-
buza 'nto.

35 Waza wapendula u-Yesu efundisa
etempileni, wati: Bati nina ababàli ukuti
u-Krestu ungunyana ka-Davide? 36 Ngo-
kuba u-Davide ngokwake ebesitsho NGO-
MOYA oyingcwele ukuti: Wati UYEHOVA
KWINKOSI yami: Hlala ngasekunene kumi,
ndide ndenze intshaba zako zibe sisitulo
sennyawo zako. 37 U-Davide ngoko ngo-
kwake uti UYINKOSI: aze ati nina ke ukuba



University of Fort Hare

ngunyana wake? Sati isininzi esikulu
sesihlwele samva ngokuvuya.

38 Waza wati kubo ekufundiseni kwake:
Lumkani ababàli, abatanda ukuhamba
ngengubo ezinde, nezibuliso ezindaweni
zentengo, 39 nezihlalo zapambili ezin-
dhlwini zenklanganiso, nendawo zobu-
kulu ezidhlweni; 40 abadhlayo izindhlu
zabahlolokazi, besenza nemitandazo emide
ngokuzenzisa: aba baya kwamkela uku-
gwetywa okukulu ngakumbi.

41 Kekaloku u-Yesu ehleli pantsi ma-
lungana nendawo yendyebo, wabekangela
ukuba bati nina abantu ukufaka imali
endaweni yendyebo: baye abaninzi abazi-
tyebi bebefaka into enkulu. 42 Wada
weza umhlolokazi otile olihlwempu, wa-
faka imalanyana zambini, ezisesesine isa-
hlulo sedobulitye. 43 Waza wabiza aba-
disipile bake wati kubo: Ngokwennene
nditi kuni: Lomhlolokazi olihlwempu
ubagqitisile ngokufaka bonke abafakileyo
endaweni yendyebo: 44 ngokuba *bona*
bonke bebefaka kubo ubuninzi babo;
kodwa lo kuko ukuswela kwake ebefaka
konke oko abenako, *kwa* konke apila
ngako.

13 KEKALOKU akupuma etempileni,
omnye wakubadisipile bake wati
kuye: Mfundisi! kangela, amatye anja-
nina, nezakiwo ezinjanina! 2 Waza u-
Yesu wapendula wati kuye: Uyazibona
na ezizakiwo zikulu? akuyi kushiywa
elinye ilitye pezu kwelinye, elingayi
kuwiswa pantsi.

3 Kekaloku nxa abehleli entabeni ye-
minquma, malungana netempile, bambuza
ngasese u-Petrosi, no-Yakobi, no-Johane,
no-Andreya, *besiti:* 4 Sixelele, zobako
ninina ezizinto? kanjalo *woba* yinto nina
umqondiso, xeshekweni zonke ezizinto ziza
kufezwa?

5 Waye u-Yesu ebapendula waqala
ukuti: Lumkani, ize ningalahlekiswa
'muntu. 6 Ngokuba abaninzi beya kuza
egameni lami, besiti: Mina ndinguye;
baze balahlekise abaninzi. 7 Kodwa xe-
shekweni nizivayo imfazwe, namare em-
fazwe, ningabi navuso; ngokuba *ezizinto*
zifanele ukuhla; kodwa ukupela akuka-
biko. 8 Ngokuba uhlanga luya kuvukela
uhlanga, nobukumkani *buya kuvuk*ela ubu-
kumkani; zaziya kubako izingcangcazelo
zomhlaba ngendawo ngendawo; zobako
kanjalo indhlala nezipitipiti: ziziqalo zen-
nimba ezizinto. 9 Kodwa zilumkeleni
nina: ngokuba beya kuninikela ematyaleni,
naniya kutyatyulwa ezindhlwini zenklanga-
niso; ewe, niya kumiswa pambi kwenkosi
nokumkani ngenxa yami, kube sisinqino
kubo. 10 Kanjalo ivangeli ifanele ukuti
tanci ishunyayelwe pakati kwenklanga
zonke. 11 Kodwa okuya banirolayo ukuni-
nikela, ningabi nasitukutezi ngapambili so-
kuba noteta 'nto nina, ningabi nakucinga ka-
njalo; koko into esukuba ninikwa yona nge-
loxeshana, le yiteteni: ngokuba kungenini
abatetayo, kungumoya oyingcwele. 12 Woti
umzalwana anikele umzalwana ekufeni, no-
yise wonikela umntwana; kanjalo abantwa-
na baya kusukela abazali, babafise: 13 na-
niya kutiywa nga*bantu* bonke ngenxa
yegama lami; kodwa onyamezelayo kude
kube sekupeleni, oyena uya kusindiswa.

14 Kekaloku xeshekweni niyibonayo into
ezondekileyo yokucitakalisa, ekwatetwa
ngayo ngu-Danyeli umprofite, imi apo
ingafaneli *ukuma* kona; (oleseshayo maka-
qonde;) mabati oko abo base-Judeya basa-
bele ezintabeni: 15 nalowo upezu kwen-
tungo *yendhlu* makangehli ukuya pakati
endhlwini; kanjako makangangeni ukuya
kususa into endhlwini yake; 16 nalowo
osentsimini makangabuyeli emva ukuya
kususa ingubo yake.

17 Hai kodwa ubunzima babo abamitiyo
nabanyisayo kuleyomihla! 18 Tandazani
ke ukuba mayingabiko intsabo yenu ebu-
sika: 19 ngokuba imihla leyo iya kuba
yimbandezelo, ekungabangako enjalo kwa
sekuqaleni kwokudalwa akudalileyo UTIXO
kwada kwakaloku, nekungayi kuza kubeko
*enjalo.* 20 Kanjako ukuba INKOSI ibinga-
yincipisanga lomihla, bekungayi kusindi-
swa namnye umntu; kodwa ngenxa yaba-
qashwa ibaqashileyo, iyincipisile lomihla.

21 Zeniti ke oko, ukuba umntu utsho
kuni ukuti: Nanku apa u-Krestu; um-
hlaumbi *ukuti:* Nanku paya; ningakolwa
ke. 22 Ngokuba kuya kuvuka okrestu
ababuxoki, nabaprofite ababuxoki, babeya
kubonakalisa imiqondiso nemimangaliso,
ukunga bangati, ukuba kungenzeka, ba-
lahlekise kwa nabaqashwa. 23 Kodwa
lumkani nina: bona ke, ndinixelele nga-
pambili konke.

24 Koko kuleyo imihla, emveni kwem-
bandezelo leyo, ilanga liya kwenziwa
mnyama, nenyanga ayiyi kunika uku-



University of Fort Hare

kanya kwayo, 25 nenkwenkwezi zezulu
ziya kuwa ku*lo*, namandhla asezulwini aya
kuzanyazanyiswa: 26 kwandul' ukubonwa
unyana wesintu esiza emafini, enamandhla
amakulu nobungcwalisa. 27 Waeya kwa-
ndula atume ingelosi zake, abutele nda-
wonye abaqashwa bake bevela emimoyeni
yomine, kwa senncameni yomhlaba kude
kube senncameni yezulu.

28 Kanifunde umzekeliso ngomkiwane:
Xeshekweni isebe lawo lise litambile,
lipuma amagqabi, niyazi ukuba likufupi
ihlobo: 29 kwa njalo nani, xeshekweni
nibona ezizinto zisihla, yazini ukuba ku-
kufupi *oko* ngasemnyango. 30 Ngokwen-
nene nditi kuni: Asiyi kuza sidhlule isi-
zukulwana esi, zide zonke ezizinto zibe
zenzekile. 31 Kwodhlula izulu nomhlaba;
kodwa amazwi ami akayi kuza adhlule.

32 Kodwa akuko 'mntu owaziyo ngayo
leyommini neyure; *azazi* ingelosi ezise-
zulwini, kwa NONYANA; NGUBAWO *owaziyo*
kupela.

33 Lumkani, papamani nitandaze; ngo-
kuba ningalazi ixesha ukuba liba nini na.
34 *Ngokuba unyana wesintu* enjengomntu
ohambele kwelinye ilizwe, owashiya
indhlu yake, wazinika izicaka zake igunya,
nezinye ngezinye umsebenzi wazo, waya-
lela umgcinimnyango ukuba alinde. 35
Lindani ke ngoko; ngokuba ningazi ukuba
umninindhlu uyeza nini na, nokuba kungo-
kuhlwa na, nokuba kupakati kwobusuku
na, nokuba kusekulileni kwenkuku na,
nokuba kungokusa na; 36 hleze ati, esiza
ngokwalama, anifumane nilele. 37 Ka-
njalo oko ndikutshoyo kuni, ndikutsho
kubo bonke: Lindani.

14 KEKALOKU emveni kwentsuku
mbini bekuko ipasika *nomtendeleko*
wezonka ezingenagwele: baza bafuna aba-
perisite abakulu nababàli ukuba bangati
nina ukumbamba ngenkohliso bambulale.
2 Bebesiti kodwa: Makungabi semtendele-
kweni, hleze kubeko isipitipiti ebantwini.

3 Kekaloku ese-Betaniya, endhlwini ka-
Simone ileperi, xa abehleli pantsi, kweza
umfazi eneqaka leyalabastere linamafuta
'mnandi enadusi anqabileyo kunene, wa-
liqekeza iqaka leyalabastere, wawagalela
*amafuta* enkloko yake. 4 Kwaye kuko aba-
tile bequmbile kunene pakati kwabo, besiti
nokuti: Kwenzelwe nina okukucitakala
kwamafuta 'mnandi? 5 ngokuba kunge
kutengiwe ngawo la okupezulu kwamakulu
amatatu edenari, kwaza kwapiwa ama-
hlwempu. Barora ngaye ke. 6 Kodwa
u-Yesu wati: Myekeni; yinina ukuba nim-
kataze? umsebenzi olungileyo uwenzile
kumi. 7 Ngokuba ninawo amahlwempu
futi ekuni; kanjalo wona ningawenzela
okulungileyo, nxa nitanda *ukwenje njalo*;
kanti aninami futi. 8 Oko wabenako lo,
wenzile ngako; umzimba wami uwutambi-
sele ukunewatywa *kwami* ngokupangela.
9 Ngokwennene nditi kuni: Apo kusu-
kuba kushunyayelwa kona ivangeli le
kulo lonke ilizwe, kuya kutyelwa nalento
ayenzileyo lo, ibe sisikumbuzo sake.

10 Waza u-Jude Sikariyoti, owabali-
shumi linababini, wemkela kubaperisite
abakulu, ukuze amnikele kubo. 11 Bati
ke bona bakuva, bavuya, bambekela nge-
dinga lokuba baya kumnika imali. Waza
wafuna ukuba angati nina ukumngcatsha
ngexesha elifanelekileyo.

12 Kekaloku ngowokuqala umhla we-
zonka ezingenagwele, okuya bekubingwa
ipasika, bati kuye abadisipile bake: Utanda
ukuba siye silungiselele pina ukuze utye
ipasika? 13 Waza wasusa isibini saba-
disipile bake, wati kubo: Yiyani esixe-
kweni, naniya kukaulelwa ngumntu etwele
umpanda wamanzi; mlandeleni yena; 14
nalapo asukuba engena kona, niti kumni-
nindhlu: Uti umfundisi: Ipina inkambili
yendwendwe, apo ndingayityela kona ipa-
sika kunye nabadisipile bami? 15 Waeya
kunibonisa inkambili yapezulu enkulu
eyandhlalelweyo elungisiweyo: silungise-
leni kona apo. 16 Baza bapuma aba-
disipile bake, bangena esixekweni, bafu-
mana njengokuba ebetshilo kubo, bayi-
lungisa ipasika.

17 Wati kwakuhlwa weza nabalishumi
linababini. 18 Kekaloku nxa babe behleli
pantsi besitya nokutya, wati u-Yesu: Ngo-
kwennene nditi kuni: Omnye wakuni
wondingcatsha, lowo utyayo kunye nami.
19 Baqala ukuba lusizi ke, nokuti kuye
omnye ngomnye: Ndimi ke na? *wati*
nomnye: Ndimi ke na? 20 Waza wape-
ndula wati kubo: Ngowabalishumi linaba-
bini, lowo ufaka *isandhla* esityeni kunye
nami. 21 Unyana wesintu uyemka oku-
nene, njengokuba kubàliwe ngaye: kodwa
kwoba nzima kulowamntu unyana wesintu
ungcatshwa nguye? bekumlungele, ukuba
ebengazalwanga lowamntu.



University of Fort Hare

22 Kekaloku nxa bebesitya, watabata
u-Yesu isonka, wabulela, waqezula, waba-
nika, wati: Tabatani, nitye; esi singum-
zimba wami. 23 Kanjalo watabata indebe,
wabulela, wabanika: baza basela kuyo
bonke. 24 Wayesiti kubo: Le iligazi lami,
elocebano olutsha, elipalazelwa abaninzi.
25 Ngokwennene nditi kuni: Andisayi
kuba sasela kwisiqamo somti weveyine,
kude kube yimmini leyo, okuya ndisise-
layo sisitsha ebukumkanini BUKATIXO.

26 Baza bati, bakuba bevumile iculo,
bapuma baya entabeni yeminquma. 27
Wayesiti kubo u-Yesu: Nina nonke niya
kuxakaniswa ngami ngobubusuku; ngo-
kuba kubàliwe *ngokuti:* Ndiya kubeta
umalusi, zaziya kucitwa igusha. 28 Koko
emveni kwokuvuka kwami, ndiya kuna-
ndulela ukuya e-Galili.

29 Waza u-Petrosi wati kuye: Nokuba
bonke baya kuxakaniswa, andiyi *kuxa-
kaniswa* mina noko. 30 Wayesiti u-Yesu
kuye: Ngokwennene nditi kuwe: Namhla
nje, kwa ngobubusuku, ingekalili kabini
inkuku, uya kundikanyela katatu. 31
Kodwa waqinisa ngakumbi ukuti: Nakuba
kundifanele ukuba ndife ndawonye nawe,
andisayi kukukanyela. Batsho nabo bonke
kwa ngokunjalo.

32 Baye besiza entsimini egama liyi-Ge-
tesemane; waza wati kubadisipile bake: Hla-
lani pantsi apa, ndide ndibe nditandazile.
33 Waza watabata u-Petrosi no-Yakobi
no-Johane kunye naye, waqala ukubetwa
livuso nokudandateka kakulu. 34 Waye-
siti kubo: Umpefumlo wami ulusizi ka-
kulu kude kube sekufeni; hlalani apa,
nilinde. 35 Waza waya umganyana nga-
pambili, wawa pantsi emhlabeni, wata-
ndaza ukuba makuti, ukuba kungenzeka,
kudhlule kuye loyure. 36 Wabesiti: Aba,
Bawo! zonke izinto ziyenzeka kuwe; susa
lendebe kumi: kodwa makungabi ngo-
kutanda kwami, makube ngokwako. 37
Wayesiza ke wabafumana belele, wati ku-
Petrosi: Simone! ulele na? ubungelinde
iyure ibe 'nnye na? 38 Lindani nita-
ndaze, ukuze ningangeni ekulingweni:
ummoya okunene uyavuma, kodwa in-
nyama ibutataka.

39 Wemka kanjako, waya watandaza,
eteta wona lomazwi. 40 Waza wabuya,
wabafumana belele kanjako; ngokuba
amehlo abo ebenzima; bebengazi ukuba
boti nina ukumpendula kanjalo.

41 Wayesiza ngokwesitatu, wati kubo:
Lalani ixesha eliseleyo, nipumle; kuko-
lisekile; iyure ifikile: bona ke, unyana
wesintu uyanikelwa ezandhleni zaboni: 42
vukani, sihambe; nanku ondingcatshayo
esel' ekufupi.

43 Kekaloku kwa oko, nxa abesateta,
kwasondela u-Jude, engowabalishumi lina-
babini, nesihlwele esikulu kunye naye
sinezirele nenduku, sivela kubo abaperisite
abakulu, nababàli, nabadala. 44 Wayete
obemngcatsha wabanika isiqondiso, esiti:
Lowo endiya kumanga, ukwa nguye;
mbambeni yena, nimrole ngokuqiniseki-
leyo. 45 Wati akufika, waselesiza kuye,
wati: Rabi, Rabi! wamanga ke. 46 Baza
babeka izandhla zabo pezu kwake, bam-
bamba.

47 Kekaloku omnye wakubo ababemi
kufupi warola isirele *sake,* wabeta isicaka
somperisite omkulu, wasinqumla indhlebe.
48 Waza wapendula u-Yesu wati kubo:
Nipumile nezirele nenduku ukuza kundi-
bamba na, njengokungati *ndibe nipuma* nga-
kulo ibada? 49 Ndandikuni imihla nge-
mihla etempileni ndifundisa, anandibamba
ke. Kodwa *kwenzekile oku,* ukuze ziza-
liseke izibàlo. 50 Baza bamshiya bonke,
babaleka.

51 Kekaloku indodana etile yamlandela,
ineqiya etwe tyu emzimbeni; aza ati ama-
dodana ayibamba; 52 kodwa yayishiya
iqiya, yabaleka zé kuwo.

53 Baza bamrolela u-Yesu kumperisite
omkulu: kwaye kubutana kuye bonke aba-
perisite abakulu, nabadala, nababàli.

54 Waza u-Petrosi wamlandela ekude,
kwada kwapakati ekusini *lendhlu* yomperi-
site omkulu; waye ehleli pantsi ndawonye
namadindili, esota ngasemlilweni.

55 Kekaloku abaperisite abakulu, nayo
yonke inklanganiso yamapakati, bebefuna
ubunqìna ngakuye u-Yesu, ukuze bamfise;
kanti abafumana ke. 56 Ngokuba aba-
ninzi bebenqìna ngakuye ngobuxoki, kanti
ukunqìna kwabo bekungalungelelani. 57
Baza besuka abatile banqìna ngakuye ngo-
buxoki, besiti: 58 Samva tina esiti: Mina
ndiya kucita letempile eyenziweyo nge-
zandhla, ndize nditi ngentsuku zibe ntatu
ndake ennye ingenziwanga ngezandhla.
59 Kwaye kungalungelelani nangokunjalo
ukunqìna kwabo. 60 Waza wesuka um-
perisite omkulu wema pakati, wambuza
u-Yesu, esiti: Akupenduli 'nto na? ba-



University of Fort Hare

nqina 'nto nina ngakuwe aba? 61 Kuloko
wati tu, engapendulanga 'nto.
Wabuya umperisite omkulu wambuza,
wati kuye: Unguye na u-Krestu, unyana
wodumisekileyo? 62 Wayesiti u-Yesu:
Ndinguye: naniya kubona unyana wesintu
ehleli ngasekunene kwamandhla, esiza
nokuza namafu ezulu.
63 Waza umperisite omkulu warazula
ingubo zake, wati: Sisafunela nina ama-
nqina? 64 nikuvile ukugxeka *kwake;* niti
nina ke? Baza bonke bamgweba ngokuti
unetyala lokuba afe. 65 Baza baqala in-
uxennye ukumtshicela, nokugubungela
ubuso bake, nokumnkliteka, nokuti kuye:
Laula. Kanjalo amadindili amtywakaza
ngezandhla.
66 Kwati kekaloku, nxa u-Petrosi ebe-
sekusini ngasezantsi, kweza esinye sezi-
cakazana zomperisite omkulu; 67 esati
sakumbona u-Petrosi esota, samkangela
sati: Nawe ubuno-Yesu um-Nazarete. 68
Koko wakanyelayo, esiti: Andi*mazi*, andi-
qondi into oyitetayo kanjalo. Waza wa-
pumela pandhle emnyango wekusi; yalila
ke inkuku. 69 Saza isicakazana sabuya
sambona, saqala ukuti kwabo babemi ku-
fupi: Lo ungowakubo. 70 Kodwa wabuya
wakanyela. Kwaza kwati kwakuba 'mzu-
zwana, abo babemi kufupi babuya bati ku-
Petrosi: Ngennyaniso ungowakubo; ngo-
kuba nawe ungum-Galili, nokuteta kwako
kuyafana *nokwabo.* 71 Kuloko waqala uku-
qalekisa nokufunga, *esiti:* Andimazi lo-
mntu eniteta ngaye. 72 Yalila inkuku
ngokwesibini ke. Waza u-Petrosi waku-
mbula ilizwi u-Yesu wabelitshilo kuye uku-
ti: Ingekalili inkuku kabini, uya kundi-
kanyela katatu. Wati akuligqala, walila.

15 KWAZA kwati kwakusa, basebecebi-
sana abaperisite abakulu kunye nabo
abadala nababàli, kwa nayo yonke
inklanganiso yamapakati, abati bakuba
bemnxibile u-Yesu, bamsa bamnikela
ku-Pilati.
2 Waza u-Pilati wambuza, *esiti:* Ungu-
kumkani wama-Juda na? Wapendula wati
kuye: Utsho wena. 3 Kekaloku abaperi-
site abakulu bebemnika ityala ngento
ezinninzi. 4 Waza u-Pilati wabuya wam-
buza, esiti: Akupenduli 'nto na? kangela,
izinto zinninzi kangakanana abazinqìnayo
ngakuwe. 5 Kodwa u-Yesu akasapendula
'nto; wada wati nqa u-Pilati.

6 Kekaloku ngomtendeleko *lowo* ebeba-
kululela umbanjwa wamnye, kwa lowo
bamcelayo. 7 Kwaye kuko *umntu* o-
kutiwa ngu-Baraba, enxityiwe ndawonye
nabo babesenza impitimpiti kunye naye,
abebete kulompitimpiti benza umbulalo. 8
Saza samemeza isihlwele, saqala ukucela
*ukuba enze* njengokuba ebefuda esenza kubo.
9 Koko u-Pilati wapendula kubo, esiti:
Nifuna ukuba ndinikululele ukumkani
wama-Juda na? 10 Ngokuba ebesazi
ukuba abaperisite abakulu bebemnikelo
ngomona.
11 Kodwa abaperisite abakulu bavusa
isihlwele, ukuba ngokukumbi makabaku-
lulele u-Baraba. 12 Wapendula ke u-
Pilati, wabuya wati kubo: Pofu nifuna
ukuba nditi nina kulowo niti unguku-
mkani wama-Juda? 13 Babuya badandu-
luka, *besiti:* Mkuruseshe yena. 14 Koko
u-Pilati wabesiti kubo: Wenze ukukohla-
kala 'kunina pofu? Kodwa badandulnka
kakulu ngakumbi, *besiti:* Mkuruseshe yena.
15 Waza u-Pilati, efuna ukunga anganca-
misa isihlwele, wabakululela u-Baraba;
wati u-Yesu, akuba emtyabule, wamnikela
ukuba akuruseshwe.
16 Aza amasodati amrola aya pakati
ekusini, kwelendhlu yenkosi, abizela nda-
wonye lonke ibandhla *lawo.* 17 Aza ama-
mbatisa isivato esibomvu, ati akuba elukile
isitsaba semitolo, asifaka kuye, 18 aqala
ukumbulisa, *esiti:* A, kumkani wama-Juda!
19 Kanjalo ambeta enkloko ngengcongolo,
amtshicela, aza aguqa ngamadolo ambe-
desha. 20 Ati xeshekweni ebemhlekile,
amhluba isivato esibomvu, amambatisa
ezake ingubo; aza amrolela pandhle, ukuze
amkuruseshe.
21 Aza anyanzela umntu obedhlula *kona,*
u-Simone wase-Kirene, evela ezindhleni,
uyise bo-Aletsandere no-Rufusi, ukuba
atwale ikuruse yake. 22 Aza amzisa enda-
weni e-*kutiwa* yi-Gologota, okukuti ngoku-
kunyushwa, yindawo yenkankani; 23 am-
nika iveyine ipitikeziwe nemore, ukuba
asele; koko engayamkelanga. 24 Ati a-
kuba ebemkuruseshile, azaba ingubo zake,
esenza amaqashiso pezu kwazo, okuba
asuse 'nto nina ngamanye. 25 Yabiyiyuro
yesitatu ke, nxa amkuruseshayo.
26 Saye sibàlelwa pezulu isibàlwa se-
tyala lake *sokuti:* UKUMKANI WAMAJUDA.
27 Kwaye kukuruseshwa ndawonye naye
amabada amabini, elinye ngasekunene,



University of Fort Hare

nelinye ngasekohlo kuye. 28 Saza sazali-
seka isibàlo esiti: Wabalwa nabagqita
umteto.
29 Baza abo babedhlula bamgxeka, be-
hlunguzela inkloko zabo, besiti nokuti:
He ke! wena uyicitayo itempile, ubuye
uyake pakati kwentsuku ntatu, 30 zisi-
ndise, uze uhle ekuruseni! 31 Kwa njalo
ke nabaperisite abakulu, behleka pakati
kwabo, kunye nababàli, bebesiti: Abanye
wabasindisa, yena ngokwake akangezisi-
ndise: 32 u-Krestu, ukumkani wo-Sirayeli,
makehle kaloku nje ekuruseni, size sibone
sikolwe nokukolwa. Kanjako abo babe-
kuruseshwa ndawonye naye bebemtuka.
33 Kwati kwakufika iyure yesitandatu,
kwabako ubumnyama pezu kwalo lonke
ilizwe yada yayiyure yesitoba.
34 Waza ngeyure yesitoba wakala u-Yesu
ngelizwi elikulu, esiti: Eloi! Eloi! lama
sabaketani? okukuti ngokukunyushwa:
Tixo wami! Tixo wami! undishiyele nina?
35 Baye besiti innxennye yabemi kufupi,
bakuva: Bona ke, uyabiza u-Elija. 36
Wagidima ke omnye, waya wazalisa i-
kepekepe ngeyasine, walifaka engcongo-
lweni, wamseza, esiti: Yekani, masibone
ukuba uyeza na u-Elija ukuza kumtula.
37 Wati ke u-Yesu wakupa ilizwi eli-
kulu, waqauka umpefumlo.
38 Laza ikuselo lendawo eyingcwele
larazulwa kubini kwa pezulu kwada kwa-
sezantsi.
39 Kekaloku inkosikulu ebimi kufupi
malungana naye, yakubona ukuba wada-
nduluka njalo waqauka umpefumlo, yati:
Ngennyaniso umntu lo ebengunyana KA-
TIXO.
40 Kwaye kuko nabafazi bebonela be-
kude, owayeko pakati kwabo no-Mariya
wase-Magadala, kwa no-Mariya unina bo-
Yakobi omncinane no-Jose, no-Salome, 41
(ababete kanjalo, okuya abese-Galili, bam-
landela, bamkonza nokumkonza,) nabanye
*abafazi* abaninzi abebenyukele e-Yerusa-
leme kunye naye.
42 Kwati kwakuba kuse kuhlwile, ngen-
nxa yokuba ibiyimmini yokulungiselela,
okukuti, yimmini epambili kuyo isabata,
43 kweza u-Josefe, owase-Arimateya, um-
pakati odumileyo, obelinda ubukumkani
BUKATIXO naye, wakalipa wangena ku-
Pilati, wacela umzimba ka-Yesu. 44 Ke-
kaloku u-Pilati wati nqa ukuba usel' efile;
waza wabiza inkosikulu, wabuza kuyo
ukuba kwasekumzuzu efile na. 45 Wati
akwazi ngenkosikulu, wampa u-Josefe um-
zimba. 46 Waza watenga iqiya eshice-
neyo, wamtula, wamsongela kuloqiya eshi-
ceneyo, wamlalisa encwabeni ebelimbiwe
eweni, waliqengqa ilitye ngasemnyango
wenewaba. 47 Kekaloku u-Mariya wase-
Magadala, no-Mariya *unina* ka-Jose, bebo-
bonela apo wayebekelwa kona.

16 KWATI kwakuba kudhlulile isabata,
u-Mariya wase-Magadala, no-Mariya
*unina* ka-Yakobi, no-Salome, batenga izi-
mnandi, ukuze beze bamtambise. 2 Bati
kwa kusasa nje ngolwokuqala *usuku* lwe-
veki, beza encwabeni lakupuma ilanga. 3
Baye besiti omnye kwomnye: Ngubanina
oya kusiqengqela ilitye kuwo umnyango
wenewaba? 4 (kekaloku bakubeka pe-
zulu, babona ukuba ilitye liqengqiwe:)
ngokuba libe likulu kakulu.
5 Baza bangena encwabeni, babona in-
dodana ihleli pantsi kwelokunene icala,
yambete ingubo ende emhlope; babetwa li-
vuso ke. 6 Kodwa yati kubo: Musani ukuba
nevuso; niyamfuna u-Yesu um-Nazarete
obekuruseshiwe; uvukile, akako apa: ka-
ngelani indawo apo bambekela kona. 7 Izo
nihambe ke, nixelele abadisipile bake,
no-Petrosi, ukuba uyanandulela ukuya e-
Galili; kwa lapo niya kumbona, njengo-
kuba etshilo kuni. 8 Baza bapuma ngo-
kukauleza, babaleka encwabeni; bebe-
banjwa kukungcangcazela nakukumanga-
liswa ke; abaxelela 'mntu into kanjalo;
ngokuba bebesoyika.
9 Kekaloku xeshekweni *u-Yesu* ebevu-
kile kusasa ngolwokuqala *usuku* lweveki,
wabonakala kuqala ku-Mariya wase-Maga-
dala, owabekupile kuye idemoni zasixenxe.
10 Waya lowo washumayela kubo abebe-
fuda benaye, belusizi belila nokulila. 11
Bati abo bakuva ukuba uhleli, nokuba wa-
bonwa nguye, abakolwa.
12 Nasemveni kwoko wazibonakalisa
ngesimilo simbi kwababini kubo, nxa
bebehamba, besiya ezindhleni. 13 Baya
nabo bashumayela kwabanye; abakolwa
nangabo.
14 Wati kamva wazibonakalisa kubo
abalishumi linamnye behleli ekutyeni, wa-
tetisa ukungakolwa kwabo nobulukuni
benkliziyo, ngenxa yokuba bebengako-
lwanga ngabo babembonile evukile.
15 Waza wati kubo: Hambani niye eli-



University of Fort Hare

zweni lonke, nishumayele ivangeli kulo
lwonke uluntu. 16 Okoliweyo wabapiti-
zeshwa, uya kusindiswa; kodwa ongakoli-
weyo, uya kugwetywa. 17 Kanjalo lemi-
qondiso iya kulandela abo bakoliweyo:
Ngegama lami bozikupa idemoni; baya
kuteta ngenteto ezintsha; 18 baya kucola
innyoka; nokuba bayasela into enokubu-
lala, ayisayi kubenzakalisa; bobeka iza-
ndhla pezu kwabafayo, babeya kuzuza
ukupila.

19 Kwa nje ke INKOSI, emveni kwokuba
ibitetile kubo, yamkelwa ezulwini, yahlala
pantsi ngasekunene KWOTIXO.

20 Bapuma ke abo bashumayela ezinda-
weni zonke, INKOSI isebenza kunye *nabo*,
iqinisa nelizwi ngemiqondiso elilandelayo.
Amene.

# IVANGELI ENGCWELE

NGOKUBALA

# KUKALUKE.

## ISAHLUKO I.

NGOKOKUBA abaninzi belingile uku-
libeka kunye ngokucwangcisa ilivo
lezondawo eziqiniselwe pakati kwetu ngo-
kukolisekileyo, 2 njengokuba bezinikele
kuti abo babengababoneli nabakonzi belizwi
kutabata ekuqaleni; 3 kwanga kulungile
nakumi, ndizilandile zonke kwada kwanga-
pambili ngokukutala nje, ukuba ndikubà-
lele *zona* ngokulandelana, Teyofilusi odu-
mileyo kakulu! 4 ukuze ukolise ukuyazi
innyaniso yezozinto uzifundisiweyo ngom-
lomo.

5 KWAYE kuko emihleni ka-Herodi,
yokumkani we-Judeya, umperisite otile
ogama lingu-Zekariya, engowakuso isahlulo
sika-Abiya; nomfazi wake engowasezinto-
mbini zika-Arone, negama lake lingu-
Elizabete. 6 Bebelungile bobabini ke
ebusweni BUKATIXO, behamba kuyo yonke
imiyalelo nemimiselo YENKOSI bengohlwa-
yeki. 7 Baye bengenamntwana, ngenxa
yokuba u-Elizabete ebeludhlolo; kanjalo
bobabini bebekolisile ukuba nobudala.

8 Kwabekute, ekwenzeni kwake inkonzo
yomperisite pambi KWOTIXO, ngexesha lo-
kukonza kwesahlulo sakowabo, 9 ngo-
kwesiko lobuperisite, wabelwa ngeqashiso
ukuqumisa, engene endaweni engcwele
YENKOSI: 10 waye wonke umhlambi wa-
bantu ubutandaza ngapandhle ngexeshana
lesiqumiso.

11 Kwati kekaloku kwabonakala kuye
ingelosi YENKOSI, imi ngasekunene kwesi-
bingelo sesiqumiso. 12 Waza u-Zekariya
waxaliswa aku*yi*bona, wawelwa kukwo-
yika. 13 Koko ingelosi yati kuye: Ungo-
yiki, Zekariya! ngokuba isikungo sako
siviwe; woti ke umfazi wako u-Elizabete
akuzalele unyana, wanya kubiza igama
lake ngo-Johane. 14 Kanjalo wena woba
novuyo nomgcobo, bati nabaninzi bavuyele
ukuzalwa kwake. 15 Ngokuba eya kuba
mkulu ebusweni BENKOSI; angaseli ke
neveyine notywala; waeya kuzaliswa ngo-
moya oyingcwele esapuma esizalweni so-
nina. 16 Nabaninzi bosapo luka-Sirayeli
wobaguqulela KWINKOSI, UTIXO wabo. 17
Waeya kuhamba pambi kwayo emmoyeni
nasemandhleni ka-Elija, ukuba inkliziyo
zoyise aziguqulele kubantwana, nabange-
vayo *abaguqulele* ebutelekelelweni babalu-
ngileyo, ukuba alungisele INKOSI abantu a-
balungiselelweyo. 18 Waza wati u Zekariya
kuyo ingelosi: Ndiya kukwazi oku ngan-
dawo nina? ngokuba ndilixego mina,
nomfazi wami ekolisile ukuba nobudala.
19 Yaza yapendula ingelosi yati kuye:
Mina ndingu-Gabriyeli omiyo ngasebu-
sweni BUKATIXO; ndanditunywa ukuba
nditete kuwe, nokuba ndikushumayeze



University of Fort Hare

ezindaba ezimnandi. 20 Kekaloku bona
ke, woba usiti ewaka, ukohlwa nokuteta,
kude kube yimmini eziya kuba zenzekile
ezizinto; ngennxa yokokuba ubungako-
lwanga ngamazwi ami, aya kuzalisekiswa
wona ngexesha lawo.

21 Kekaloku abantu bebemlinda u-Ze-
kariya, batela nqa ukulibala kwake enda-
weni eyingcwele. 22 Wati ke akupuma,
wakohlwa ukuteta kubo; baza banakana
ukuba ubonile isibonakalo endaweni
eyingcwele; wabe ke yena eman' uku-
koba kubo, wahlala esidenge.

23 Kwaza kwati, xeshekweni ibizalise-
kile imihla yesikonzo sake, wemkela
endhlwini yake. 24 Kekaloku emveni
kwezontsuku wakaula u-Elizabete umfazi
wake, wazifihla kanye innyanga zanklanu,
esiti: 25 Yenje nje INKOSI kumi emihleni
ya*ndi*kangela ngayo ukususa ihlazo lami
pakati kwabantu.

26 Kekaloku ngennyanga yesitandatu
ingelosi engu-Gabriyeli yatunywa NGUTIXO
ukuya esixekweni sase-Galili, esigama liyi-
Nazarete, 27 kwintombi exanyelweyo
indoda egama lingu-Josefe, ingowendhlu
ka-Davide; laye igama lentombi lingu-
Mariya. 28 Yaza yangena ingelosi kuyo,
yati: A, wena ukolelweyo! INKOSI *maibe*
nawe; utamsanqelekile wena pakati kwa-
bafazi. 29 Yati kekaloku yaku*yi*bona, ya-
xaliswa kakulu pezu kwesiteto sayo, yaca-
manga ukuba ungaba ngoti nina umbuliso
lo. 30 Yaza yati ingelosi kuyo: Ungo-
yiki, Mariya! ngokuba ufumene ufefe
KUTIXO. 31 Kekaloku bona ke, uya ku-
kaula esizalweni *sako*, uzale unyana, wauya
kubiza igama lake ngo-YESU. 32 Lowo
woba mkulu, waeya kubizwa ngokuba
ngunyana wopezu kwonke: kanjalo INKOSI
ENGUTIXO iya kumpa iterone ka-Davide
uyise; 33 waeya kuba ngukumkani pezu
kwendhlu ka-Yakobi kude kube ngunapa-
kade; nobukumkani bake abuyi kuba na-
kupela. 34 Wayesiti u-Mariya kuyo inge-
losi: Kwoti nina ukubako oku, indoda ndi-
ngayazi nje? 35 Yaza yapendula ingelosi
yati kuye: Umoya oyingcwele wohla pezu
kwako, namandhla opezu kwonke okusibe-
kelela; ngoko kanjako lonto ingcwele
ezalwayo nguwe iya kubizwa ngokuba
ngunyana KATIXO. 36 Kanjalo bona ke, u-
Elizabete isalamane sako, kwa naye ukaulile
unyana ebudaleni bake; kekaloku le iyin-
nyanga yesitandatu kuye obizwa ngoku-
tiwa uludhlolo: 37 ngokuba kungeko nan-
nye into eya kumnqabela UTIXO. 38 Waye-
siti u-Mariya: Nasi ke isicakakazi SENKOSI;
makube njalo kumi njengelizwi lako.
Yaza yemka kuye ingelosi.

39 Wati kekaloku u-Mariya kwezontsuku
wesuka waya ezweni lasezintabeni ngo-
bunxamo, esixekweni sakwa-Juda, 40
wangena endhlwini ka-Zekariya, wam-
bulisa u-Elizabete. 41 Kwaye kute
xeshekweni u-Elizabete weva umbuliso
ka-Mariya, waxùma umntwana esiza-
lweni sake: waza u-Elizabete wazaliswa
ngomoya oyingcwele, 42 wapakamisa
ukuteta ngelizwi elikulu, wati: Utamsa-
nqelekile wena pakati kwabafazi, sitamsa-
nqelekile nesixakato sesizalo sako. 43 Kuti
nina ke ukundihlela oku, ukuba unina
WENKOSI yami eze kumi? 44 Ngokuba
bona ke, xeshekweni ilizwi lombuliso
wako langena ezindhlebeni zami, umntwana
waxùma ngomgcobo esizalweni sami. 45
Unetamsanqa ke lowo okoliweyo; ngokuba
kuya kubako ukufezwa kwezinto eziteti-
weyo kuye zivela ENKOSINI.

46 Waza wati u-Mariya: Umpefumlo
wami uyazukisa INKOSI, 47 nommoya
wami ugcobile KUTIXO umsindisi wami;
48 ukuba ebukangele ubupantsi besicaka-
kazi sake: ngokuba bona ke, emveni kwa-
kaloku nje zonke izizukulwana ziya kuti
ndinetamsanqa. 49 Ngokuba USOMANDHLA
endenzele izinto ezinkulu; lingcwele ke
igama lake: 50 nobubele bake bupezu
kwabamoyikayo kwizizukulwana ngezizu-
kulwana. 51 Wenzile ngamandhla ngen-
galo yake: ubacitile abaneratshi ekuci-
ngeni kwenkliziyo zabo. 52 Abanobukosi
ubawisile eziteroneni, nabapantsi ubapa-
kamisile. 53 Abalambileyo ubahlutisile
ngento ezilungileyo, nabazityebi ubandu-
lule bengenanto. 54 Umxasile u-Sirayeli
isicaka sake, ngokukumbula ububele *bake*,
55 (njengokuba etetile kobawo betu,) ku-
Abrahame nakwinzalo yake kude kube
ngunapakade.

56 Wati ke u-Mariya wahlala naye,
ngati zantatu innyanga, waza wabuyela
endhlwini yake.

57 Kekaloku u-Elizabete lamzalisekelwa
ixesha lokuba azale, wazala unyana ke.
58 Baza abo babehleli kufupi, nabalamane
bake, beva okokuba INKOSI ibenze bukulu
ububele bake ngakuye, bavuyelana naye.

59 Kwaye kute ngomhla wesibozo, beza



University of Fort Hare

ukuza ukwalusa umntwana; babembiza ke
ngo-Zekariya, ngegama likayise. 60 Waza
wapendula unina wati: Nakanye; koko
aya kubizwa ngo-Johane. 61 Baza bati
kuye: Akuko namnye pakati kwabalamane
bako obizwa ngeligama. 62 Baye bekoba
ke kuyise, ukuba unga angatiwa nina uku-
bizwa. 63 Waza wabiza icwecwana, wa-
bàla, esiti: Ngu-Johane igama lake. Bati
nqa ke bonke. 64 Waseluvulwa umlomo
wake oko, nolwimi lwake *lwatukululwa*,
wateta, embonga UTIXO.

65 Kwaza kwehla ulwoyiko pezu kwabo
bonke ababehleli kufupi nabo; nakulo lonke
ilizwe lasezintabeni lase-Judeya zibe ziva-
kaliswa zonke ezizinto. 66 Kanjalo bonke
ababezivile bazibekela ezinkliziyweni zabo,
besiti: Woda ati nina umntwana lo? Sayo
isandhla SENKOSI sibe sinaye.

67 Waza u-Zekariya uyise wazaliswa
ngomoya oyingcwele, waprofitesha, esiti:
68 Maibongwe INKOSI, UTIXO wo-Sirayeli,
ukuba ibakangele yabenzela inkululwa
abantu bayo, 69 yasipakamisela upondo
lwosindiso endhlwini ka-Davide isicaka
sayo; (70 njengokuba itetile ngomlomo
wabaprofite bayo abangcwele bakudala;)
71 size sisindiswe ezintshabeni zetu, nase-
sandhleni sabo bonke abasitiyayo: 72 u-
kuba ibenzele ububele obawo betu, noku-
ba ikumbule ucebano lwayo olungcwele;
73 isifungo eyasifungela u-Abrahame
ubawo wetu, 74 sokuba isipe ukuti, sihla-
ngulwe esandhleni sentshaba zetu, siyi-
konze singenakwoyika, 75 ngobungcwele
nangobulungisa pambi kwayo, yonke imi-
hla yokudhla kwetu ubomi. 76 Nawe,
mntwana! uya kubizwa ngokuba ngum-
profite wopezu kwonke: ngokuba uya
kwandulela pambi kwobuso BENKOSI ukuya
kulungisa indhlela zayo; 77 ukunika a-
bantu bayo ukwaziwa kwosindiswa ngoku-
xolelwa kwezono zabo, 78 ngenceba zo-
bubele BOTIXO wetu, ekungazo satyelela
kuti isifingo sokusa sivela ennyangweni,
79 ukuza kukanyela abo bahleli ebumnya-
meni nasetunzini lokufa, size innyawo zetu
sizikapele endhleleni yoxolo.

80 Wati umntwana wakula, waba na-
mandhla emmoyeni; wayesezinklango apo,
kwada kwangumhla wokubonakaliswa
kwake ko-Sirayeli.

2 KWAYE kute kwezontsuku, kwapuma
umteto ku-Kesare Auguste, wokuba
lonke ilizwe malibàlelwe. (2 Esi isibàlelo
senzeka kuqala nxa u-Kirenusi ebengum-
pati we-Siriya.) 3 Baza baya bonke ukuya
kubàlelwa, abanye ngabanye kwezakowabo
izixeko. 4 Wati kekaloku no-Josefe we-
nyuka e-Galili, esixekweni se-Nazarete,
waya e-Judeya, esixekweni sika-Davide,
esibizwa nge-Beteleheme, (ngennxa yokuba
ebengowendhlu nesizalwane sika-Davide,)
5 ukuya kubàlelwa kunye nomfazi wake
oxanyiweyo, ekulelwe yena.

6 Kwaye kute bakuba bebekona, zaza-
liseka imihla yokuba azale. 7 Waza
wazala unyana wake owamazibulo, wam-
songela eziqiyeni, wamlalisa emkombeni
wesitale; ngokuba bebengenandawo pakati
entangeni.

8 Kwaye kuko abalusi kwelona 'lizwe,
behlala ezindhle, belinda umhlambi wabo
ngamavarasho obusuku. 9 Yati, bona ke,
ingelosi YENKOSI yeza yema ngakubo, no-
bungcwalisa BENKOSI babakanyela ngokuti
ngqonga: baza boyika ngokwoyika oku-
kulu. 10 Yayisiti kubo ingelosi leyo:
Ningoyiki; ngokuba, bona ke, ndinishu-
mayeza indaba zovuyo olukulu, oluya kuba
lolwabantu bonke. 11 Ngokokuba niza-
lelwe namhla umsindisi, ongu-Krestu IN-
KOSI, esixekweni sika-Davide. 12 Kanjalo
oku *kwoba* ngumqondiso kuni: Niya ku-
fumana usana lusongiwe eziqiyeni, lulele
emkombeni wesitale. 13 Kwaza kwabako
ngokwalama ndawonye nayo ingelosi into
enninzi yomkosi wasezulwini, bedumisa
UTIXO, besiti nokuti: 14 Makubeko ubu-
ngcwalisa KUTIXO ennyangweni yapezulu,
noxolo emhlabeni, ufefe ebantwini! 15
Kwaza kwati, xeshekweni zibe zimkile
kubo ingelosi zaya ezulwini, bandula aba-
lusi bati omnye kwomnye: Makesiye
kambe kwa se-Beteleheme, size siyibone
lento ihlileyo, esazisiwe yona YINKOSI.
16 Basuka beza ngokunxama, bafumana
kwa no-Mariya no-Josefe, nosana lulele
emkombeni wesitale. 17 Bati ke baku-
bona, bavakalisa ilizwi elalitetwa kubo
ngaye umntwana lo. 18 Baza bonke abo
bevayo bazitela nqa izinto ezazitetwa kubo
ngabalusi. 19 Kodwa u-Mariya wazigci-
nela zonke ezizinto, wazilinganisa enkli-
ziyweni yake. 20 Baza babuya abalusi,
bebonga bedumisa UTIXO ngennxa yazo
zonke izinto ababezivile nababezibonile,
njengokuba kube kutyelwe kubo.

21 Kekaloku okuya ibizalisekile imihla





University of Fort Hare

esibozo yokuba umntwana aluswe, landula
labizwa igama lake ngo-Yesu, elibe libizwa
*njalo* yingelosi engekakaulwa esizalweni.
22 Kekaloku okuya ibizalisekile imihla
yokuhlanjululwa kwabo, ngokwomteto ka-
Mosesi, bamnyusela e-Yerusaleme, ukuba
bammisele ENKOSINI; 23 (njengokuba ku-
bàliwe emtetweni WENKOSI ukuti: Konke
okubudoda ekuzityulwa ngako kwobizwa
ngokuba ngcwele KUYEHOVA;) 24 nokuba
banikele idini, njengoko kutshiwo emte-
tweni WENKOSI ukuti: Isibini samahobe,
umhlaumbi amatole amabini amazuba.
25 Kekaloku bona ke, bekuko umntu
e-Yerusaleme, ogama lingu-Simone; waye
umntu lowo elungile ebubedesho, elinda
ulwonwabiso lwo-Sirayeli; kanjalo umoya
oyingcwele ebepezu kwake. 26 Kwaye
kutyilelwa yena ngumoya oyingcwele,
ukuba akayi kubona 'kufa engekaboni u-
Krestu WENKOSI. 27 Weza ke NGOMOYA
etempileni: kekaloku uxa oyise babenge-
nisa umntwana u-Yesu, ukuba bamenzele
ngesiko lomteto, 28 wandula yena wamta-
batela ezingalweni zake, wambonga UTIXO,
wati: 29 Kaloku uyasindulula isicaka sako,
NKOSI! ngoxolo, njengokwelizwi lako: 30
ngokuba amehlo ami ebonile usindiso
lwako, 31 olo ululungisileyo ngasebusweni
bezizwe zonke; 32 ukanyiso lwokutyilela
abaheyideni, nolwobungcwalisa babantu
bako o-Sirayeli.
33 Babesiti nqa ke u-Josefe nonina pezu
kwezinto ezibe zitetwa ngaye. 34 Waza
u-Simone wabatamsanqelisa, wati ku-
Mariya unina: Bona ke, lo ubekelwe
ukuwa nokupakama kwabaninzi kwa-
Sirayeli, nomqondiso ekupikwa nawo; 35
(ewe, nowako umpefumlo isirele sowuhla-
ba;) ukuze kube kutyilwa izicamango
zenkliziyo ezininzi.
36 Kwabekuko kanjalo u-Ana umpro-
fitekazi, intombi ka-Fanuweli, owesizwe
sika-Ashere: yena lo ebekolisile ukuba no-
budala kakulu, obehleli nendoda iminyaka
yasixenxe itabata ebuntombini bake: 37
wayengumhlolokazi weminyaka engati ima-
shumi asibozo anesine, owahlala engemki
etempileni, ekonza *u-Tixo* ngokuzila ukutya
nangokukunga ebusuku nasemmini. 38
Wati lo emi kufupi nje kwa ngeloxeshana
wabulela ENKOSINI naye, wateta ngayo kubo
bonke ababelinda inkululwa e-Yerusaleme.
39 Kekaloku xeshekweni bebegqibele
zonke izinto ezinjengokwomteto WENKOSI,
babuyela e-Galili, esixekweni sabo e-
Nazarete.
40 Wati umntwana wakula, waba na-
mandhla emmoyeni, ezaliswa ngobulumko;
nofefe LUKATIXO lwalupezu kwake.
41 Kekaloku oyise bake bebesiya imi-
nyaka ngeminyaka e-Yerusaleme ngomte-
ndeleko wepasika. 42 Wati akuba yimi-
nyaka ilishumi linamibini ubudala bake,
uxa bebenyukele e-Yerusaleme ngokwesiko
lomtendeleko, 43 nanxa bebefezile imihla,
ekubuyeni kwabo, wasala umntwana u-
Yesu e-Yerusaleme; baye bengazi u-Josefe
nonina. 44 Kodwa beba usemhlambini
wabahambi baya ihambo yosuku lunye,
baza bamfuna pakati kwabalamane *babo*
napakati kwababesazana nabo. 45 Bati
bengamfumananga nje, babuyela e-Yeru-
saleme, bemfuna. 46 Kwaza kwati emveni
kwentsuku ntatu, bamfumana etempileni,
ehleli pakati kwabafundisi, esiva bona,
ebuza nokubuza kubo. 47 Baye benokuti
nqa ke bonke abo babemva, pezu kwo-
kuqonda *kwake* nemipendulo yake. 48
Bati bakumbona, bamangaliswa; waza
unina wati kuye: Nyana! wasenzela njalo
nganina? bona ke, uyihlo nami besiku-
funa sidandatekile. 49 Waza wati kubo:
Yinina ukuba nibe nindifuna? nibe ningazi
na ukuba ndifanele ukuba sendhlwini KA-
BAWO? 50 Abaliqonda ke bona ilizwi wa-
litetayo kubo. 51 Waza wehla nabo, weza
e-Nazarete, wabalulamela: wati kekaloku
unina wazigcina zonke ezizinto enkli-
ziyweni yake.
52 Waye u-Yesu emana ehambisa ebu-
lumkweni nasebudeni, naselufefeni pambi
KWOTIXO na*pambi* kwabantu.

3 KEKALOLU ngomnyaka weshumi li-
nesihlanu wobukosi buka-Tiberiyusi
Kesare, u-Pontiyusi Pilati engumpati we-
Judeya, no-Herodi eyinkosi ye-Galili,
no-Filipi umzalwana wake eyinkosi ye-
Yetureya nelizwe le-Trakoniti, no-Lusaniya
eyinkosi ye-Abilene, 2 emihleni yabaperi-
site abakulu u-Anasi no-Kayafasi, leza
ilizwi LIKATIXO ku-Johane unyana ka-
Zekariya enklangweni.
3 Wayesiza kulo lonke ilizwe langase-
Yoredane, eshumayela ubapitizesho lwo-
guquko, kube kukuxolelwa kwezono;
4 njengokuba kubàliwe encwadini ya-
mazwi ka-Yisaya umprofite, esiti: Ilizwi
lodandulukayo enklangweni: Lungisani in-



University of Fort Hare

dhlela KAYEHOVA; yenzani imendo yake
ilungelelane. 5 Yonke imifula iya kudi-
tyelelwa, nazo zonke intaba nenduli ziya
kutotyelwa pantsi; indawo eziligoso zo-
tiwa ntse, nezibngongxo zoba zindhlela
ezigudileyo: 6 lwaye uluntu lwonke luya
kubona usindiso LUKATIXO.
7 Wandula wati kwizihlwele ezibe zi-
puma ukuza kubapitizeshwa nguye: Sizu-
kulwanandini sennyoka! ngubanina oni-
bonisileyo ukuba nibaleke umsindo oza
kuza? 8 Velisani ngoko izixakato ezi-
yelelana noguquko; nize ningaqali ukuti
pakati kwenu: Sinaye u-Abrahame engu-
bawo; ngokuba ndisiti kuni: UTIXO anga-
vusela u-Abrahame usapo kulamatye. 9
Kanjako izembe lise libekwe ngasengca-
njeni yemiti: iti ngoko yonke imiti enga-
velisi izixakato ezilungileyo igaulwe, ipo-
swe emlilweni.
10 Zaza zambuza izihlwele, zisiti: Siya
kwenza 'nto nina pofu? 11 Wapendula
wati kuzo: Onengubo 'mbini, makabele
ongenannye; nalowo unento zokutya, ma-
kenze kwa njalo.
12 Kweza nababuti beminikelo ukuba
babapitizeshwe, bati kuye: Mfundisi! siya
kwenza 'nto nina? 13 Wayesiti kubo:
Ningabangi into engapezulu kweniyimise-
lweyo.
14 Kwambuza namasodati, esiti: Nati
siya kwenza 'nto nina? Waza wati kuwo:
Ningapangi 'mntu, ningalumkisi '*mntu* ka-
njako; ize nitomalale kukuvuzwa kwenu.
15 Kekaloku nxa abantu bebelinda, na-
nxa bonke bebecamanga ezinkliziyweni
zabo ngaye u-Johane, ukuba umhlaumbi
yena angaba nguye u-Krestu na; 16 wa-
pendula u-Johane kwa kubo bonke, esiti:
Mina okunene ndiyanibapitizesha nga-
manzi; kodwa uyeza onamandhla amakulu
kwawami, endingafanelekile ukuba ndiwu-
tukulule umtya wezihlangu zake; yena
wonibapitizesha ngomoya oyingcwele na-
ngomlilo: 17 omnyazi wokwela usesa-
ndhleni sake, waeya kucokisa isibaya
sake, ati inuqolowa ayihlanganisele esi-
seleni sake, kodwa umququ wowutshisa
ngomlilo ongacimekiyo. 18 Kwa nje ke
*eba*yala nangezinnye izinto ezinninzi ebe-
shumayela ivangeli ebantwini.
19 (Kodwa u-Herodi inkosi, esohlwaywa
nguye, ngaye u-Herodiya umfazi ka-Filipi
umninawe wake, nangazo zonke izinto ezi-
kohlakeleyo abezenzile u-Herodi, 20 wo-
ngezelela nalento pezu kwayo zonke, yo-
kuba wamvalela entolongweni u-Johane.)
21 Kwaye kute kekaloku, nxa bebeba-
pitizeshiwe bonke abantu, ebapitizeshiwe
u-Yesu naye, etandaza nokutandaza, lavu-
leka izulu, 22 wehla umoya oyingcwele
ngokubonakala okungumzimbara njenge-
hobe pezu kwake, leza nelizwi livela
ezulwini, lisiti: Wena ungunyana wami
otandiweyo, ndikolisiwe kakuhle nguwe.
23 Waye yena u-Yesu wayeyiminyaka
engati ngamashumi matatu ubudala bake
akuqala *ukufundisa*, enguye (njengokuba
kube kusitwa) unyana ka-Josefe, obe-
ngoka-Heli, 24 obengoka-Matati, obengoka-
Levi, obengoka-Maleki, obengoka-Jana,
obengoka-Josefe, 25 obengoka-Matitiya,
obengoka-Amotse, obengoka-Nahume, obe-
ngoka-Esili, obengoka-Nagai, 26 obengoka-
Mahati, obengoka-Matitiya, obengoka-Shi-
mehi, obengoka-Josefe, obengoka-Juda, 27
obengoka-Johanane, obengoka-Resa, obe-
ngoka-Zerubabeli, obengoka-Shalatiyeli,
obengoka-Neri, 28 obengoka-Maleki, obe-
ngoka-Adi, obengoka-Kosame, obengoka-
Elemodame, obengoka-Here, 29 obengo-
ka-Jose, obengoka-Eliyezeri, obengoka-
Yorime, obengoka-Matati, obengoka-Levi,
30 obengoka-Simone, obengoka-Juda, obe-
ngoka-Josefe, obengoka-Jonane, obengoka-
Eliyakime, 31 obengoka-Meleya, obengoka-
Menane, obengoka-Matata, obengoka-Na-
tane, obengoka-Davide, 32 obengoka-Jese,
obengoka-Obedi, obengoka-Bohazi, obe-
ngoka-Salimone, obengoka-Nahashone, 33
obengoka-Haminadabi, obengoka-Rame,
obengoka-Hetserone, obengoka-Faretse,
obengoka-Juda, 34 obengoka-Yakobi, obe-
ngoka-Yisake, obengoka-Abrahame, obe-
ngoka-Tera, obengoka-Nahore, 35 obe-
ngoka-Seruge, obengoka-Rehu, obengoka-
Pelege, obengoka-Hebere, obengoka-Sala,
36 obengoka-Kenane, obengoka-Rafatsade,
obengoka-Sheme, obengoka-Nowa, obengo-
ka-Lameki, 37 obengoka-Metushela, obe-
ngoka-Enoki, obengoka-Yeredi, obengoka-
Mahalalele, obengoka-Kenane, 38 obengo-
ka-Enoshe, obengoka-Shete, obengoka-
Adame, obengoka-TIXO.

4 KEKALOKU u-Yesu, ezele ngumoya
oyingcwele, wabuya e-Yoredane: waza
wasiwa NGOMOYA enklango, 2 elingwa ngu-
Satane intsuku zimashumi mane. Akatya
'nto ke kwezontsuku: wati zakuba zipelile,



University of Fort Hare

wada walamba. 3 Waza u-Satane wati
kuye: Ukuba ungunyana KATIXO, xela kwi-
litye eli ukuba lenziwe isonka. 4 Waza
wapendula u-Yesu kuye, esiti: Kubàliwe
ukuti: Akungaso isonka sodwa aya kupila
umntu, koko kungawo onke amazwi KA-
TIXO.

5 Waza u-Satane wamnyusela entabeni
ende, wambonisa bonke ubukumkani
belizwe ngexanyana linye. 6 Waza u-
Satane wati kuye: Ndiya kunika kuwe
lamandhla onke, nobungcwalisa babo;
ngokuba enikelwe kumi, nalowo enditanda
*ukumnika wona* ndiyawanika kuye: 7 wena
ngoko ukuba uya kundibedesha, kwoba
kokwako konke. 8 Waza u-Yesu wa-
pendula wati kuye: Yiya emva kwami,
Satane! ngokuba kubàliwe *ngokuti:* Uya
kubedesha UYEHOVA, UTIXO wako, umkonze
yena yedwa.

9 Kanjalo wamsa e-Yerusaleme, wam-
misa pezu kwepiko letempile, wati kuye:
Ukuba ungunyana KATIXO, ziwise pantsi
kwa lapa; 10 ngokuba kubàliwe ukuti:
Uya kuyalela ingelosi zake ngawe, ukuba
zikugcine: 11 nokuti: Zokufunqula nge-
zandhla, hleze ukùbekise unyawo lwako
ngasetyeni. 12 Waza u-Yesu wapendula
wati kuye: Kutshiwo ukuti: Akuyi kum-
linga UYEHOVA, UTIXO wako.

13 Wati kekaloku u-Satane, akuba egqi-
bile konke ukulinga *kwake*, wemka kuye
kwamzuzu.

14 WAZA wabuya u-Yesu ngamandhla
OMOYA weza e-Galili; kwaye kupuma
udumo ngaye lwaya kulo lonke ilizwe
langakona. 15 Wabefundisa ezindhlwini
zenklanganiso zabo, edunyiswa ngabo
bonke.

16 Waza wafika e-Nazarete, apo abe
ondhlelwe kona: wati kekaloku, njengoku-
ba belinjalo isiko lake, wangena endhlwini
yenklanganiso ngomhla wesabata, wesuka
wema ukuba aleseshe. 17 Kwaza kwamni-
kelwa innewadi ka-Yisaya umprofite. Wati
akuba eyitwabulule innewadi, wafumana
londawo apo bekubàlelwe kona *ngokuti:* 18
Umoya KAYEHOVA upezu kwami; ngokokuba
enditambisele ukushumayela indaba ezimna-
ndi kumahlwempu; unditumele ukupilisa
abankliziyo zigqobokileyo, ukushumayela
kwabatinjiweyo inkululeko, nakwabazim-
fama ukubuyiswa kwokubona, ukundulula
abancinezelweyo bekululekile, 19 ukushu-
mayela umnyaka okolekileyo KAYEHOVA.
20 Waza wasonga innewadi, wayinikela
kanjako kumkonzi, wahlala pantsi. Bati
bonke abasendhlwini yenklanganiso amehlo
abo ati nama pezu kwake.

21 Waza waqala ukuti kubo: Namhla
nje sizalisekile isibàlo esi ezindhlebeni
zenu. 22 Babemnqìnela bonke ke, bawa-
tela nqa amazwi ofefe apumayo emlonyeni
wake, bati: Lo asi nguye na unyana ka-
Josefe? 23 Waza wati kubo: Nowuteta
kumi kambe lomzekeliswana *wokuti:* Gqira!
zipilise: konke esivileyo ukuba kwenziwe
e-Kapenayume, kwenze nalapa emzini wa-
kowenu. 24 Wati kanjako: Ngokwennene
nditi kuni: Akuko 'mprofite okolekileyo
emzini wakowabo. 25 Kodwa ngokwen-
nyaniso nditi kuni: Bebeko abahlolokazi
abaninzi emihleni ka-Elija kwa-Sirayeli,
okuya lalivingcekile izulu ngeminyaka
mitatu inennyanga zintandatu, xeshekweni
yabiko indhlala enkulu kulo lonke ilizwe;
26 kanti u-Elija wayengatunywa nakom-
nye kubo, *watunywa* e-Tsarefate yase-Tsi-
done kumfazi *oben*gumhlolokazi kupela.
27 Kanjalo ebeko amaleperi amaninzi nge-
xesha lika-Elisha umprofite kwa-Sirayeli;
kanti kwaye kungahlanjwa nalinye kuwo,
*kwahlanjwa* u-Nahamane um-Siriya kupela.

28 Baza bati bonke abasendhlwini zen-
klanganiso, bakuva ezizinto, bazaliswa
ngumsindo, 29 besuka, bamkupela pandhle
kwesixeko, bamrolela kwa semgcipekweni
wentaba esibe sakiwe pezu kwayo isixeko
sabo, ukuze bamkahlele pantsi. 30 Kodwa
yena ecandile pakati kwabo wemka.

31 Waza wehlela e-Kapenayume, isixeko
sase-Galili, wabafundisa ngemihla yesa-
bata. 32 Baye bemangaliswa ke pezu
kwesifundiso sake, ngokuba ilizwi lake
belinegunya. 33 Kwaye kuko endhlwini
yenklanganiso umntu obenommoya wede-
moni encolileyo; waza wadanduluka nge-
lizwi elikulu, 34 esiti: Yeka! siyinto nina
kuwe, Yesu wase-Nazarete? uze kusitsha-
balalisa na? ndiyakwazi wena unguba-
nina, ungoyingcwele KATIXO. 35 Waza
u-Yesu wamtetisa, esiti: Yiti cwaka, upu-
me kuye. Yaza idemoni yakuba ibimwi-
sile pakati yapuma kuye, ingamenzanga
'nto. 36 Bahlelwa kukuti nqa ke bonke,
batetana omnye nomnye, besiti: Lelanina
ilizwi eli, ukuba ebayalela omoya abanco-
lileyo ngegunya nangamandhla, bapume
ke? 37 Lwaza lwapuma udumo ngaye



University of Fort Hare

lwaya kuzo zonke indawo zelizwe langa-
kona.
38 Wati esukile endhlwini yenklanga-
niso, wangena endhlwini ka-Simone. Ke-
kaloku umkwekazi ka-Simone wabeba-
njwa licesine elikulu; baza bamtandaza
ngaye. 39 Waza wamongamela, watetisa
icesine, lamyeka ke: waselesuka oko waba-
konza.
40 Kekaloku nxa ilanga belitshona, bati
bonke abo babenabo ababesifa zizifo nge-
zifo, babazisa kuye; waza wabeka izandhla
*zake* pezu kwabo ngabanye ngabanye, wa-
bapilisa. 41 Kanjalo nedemoni zapuma
kubaninzi, zidanduluka, zisiti nokuti:
Wena unguye u-Krestu, unyana KATIXO.
Waza wati ezitetisa akazivumela ukuba
zitete, ngokuba zibe zimazi ukuba unguye
u-Krestu.
42 Kekaloku kwakuba kusile, wapuma
waya endaweni elubala; zaza izihlwele
zamfuna, zeza kwa kuye, zambambezela
ukuba angemki kuzo. 43 Koko wati kuzo:
Ndifanele ukushumayela indaba ezilungi-
leyo zobukumkani BUKATIXO nakwezinye
izixeko; ngokuba nditunyelwe oku. 44
Waza washumayela ezindhlwini zenkla-
nganiso zase-Galili.

5 KWAYE kute xeshekweni isihlwele
sibe simxingisa ukuza kuva ilizwi
LIKATIXO, ebemi yena ngaselwandhlana
lwe-Genesarete, 2 wabona innqanawa
zambini zimi ngaselwandhlana apo; kodwa
abalobi benklanzi bebepumile kuzo, ba-
hlanza intambo *zabo*. 3 Wati engene
kwennye yennqanawa, *kuleyo* ebiyeka-
Simone, wamtandaza ukuba makaqùbe
emhlabeni kubo 'mganyana: waza wahlala
pantsi, wafundisa izihlwele esennqana-
weni.
4 Kekaloku nxa abepezile ukuteta, wati
ku-Simone: Qùbelani enzulwini, nihlise
intambo zenu kulotywe. 5 Waza wa-
pendula u-Simone wati kuye: Nkosi! ngo-
bubusuku bonke sisebenzile singabamba-
nga 'nto; kodwa ngelizwi lako ndiya
kuhlisa utambo. 6 Bati bakwenje njalo,
bavingcela ndawonye into enninzi ka-
kulu yenklanzi; lwafun' ukuqauka ke
utambo lwabo. 7 Baza bakobela abali-
ngane *babo* ababekwennye innqanawa, u-
kuba beze bancedane nabo. Basuka beza;
baza bazalisa innqanawa zombini, zada za-
fun' ukutshona. 8 Wati u-Simone Petrosi
akubona *oko*, wawa pantsi ngasemadolweni
ka-Yesu, esiti: Muka kumi, ngokuba ndi-
yindoda engumoni, Nkosi! 9 Ngokuba
ebebanjwe kukuti nqa, nabo bonke abebe-
naye, pezu kwokulotywa kwenklanzi aba-
bekulobile: 10 bebenjalo kwa no-Yakobi
no-Johane, onyana baka-Zebedi, abebenga-
makolwane no-Simone. Waza u-Yesu wati
ku-Simone: Ungoyiki; emveni kwakaloku
nje woba ubamba abantu. 11 Bati ba-
kuba bezifikisile innqanawa ngasemhla
beni, bashiya kwa konke, bamlandela.
12 Kwaza kwati, xeshekweni ebesesixe
kweni esitile, kekaloku bona ke, indoda
ezele sisilepero *ibikona*; eyati yakubona
u-Yesu, yawa ngobuso, yamkunga, isiti:
Nkosi! ukuba uyatanda, ungandihlambu-
lula. 13 Waza wasolula isandhla, wayi-
cukumisa, esitsho ukuti: Ndiyatanda;
hlambuluka. Sati ke kwa oko semka
kuyo isilepero *sayo*. 14 Waza wayiyalela
ukuba ingamxeleli 'mntu: kodwa yiya
uzibonakalise kumperisite, unikele ngen-
nxa yokuhlanjululwa kwako, njengokuba
wabeyalela u-Mosesi, kube sisinqìno kubo.
15 Koko bekuhanjiswa ngakumbi indaba
ngaye: zaza zabutana izihlwele ezikulu
ukuza kuva, nokupiliswa nguye ezilwe-
lweni zazo. 16 Wabesiti kodwa yena
wapambukela ezindaweni ezilubala, wata-
ndaza.
17 Kwaza kwati ngemmini etile, nxa
abefundisa yena, babe behleli *kona* aba-
farisi nabafundisimteto, abebevele kuyo
yonke imizi yase-Galili, nase-Judeya, nase-
Yerusaleme: kanjalo amandhla ENKOSI
ebeko ukubapilisa. 18 Kekaloku bona
ke, amadoda *atile* abezisa pezu kwokùko
umntu obenesifo sokushwabanisa, afuna
ukumngenisa nokumbeka ebusweni bake.
19 Aza ati, engafumananga indawo angam-
ngenisayo ngayo ngennxa yesihlwele, enyu-
kele pezu kwentungo *yendhlu*, amhlisa nge-
zitene zokufulela kunye nokùko *lwake*,
*ambeka* pakati apo pambi kwo-Yesu. 20
Waza wabona ukolo lwawo, wati kuye:
Mntundini! uxolelwe izono zako. 21
Baza ababàli nabafarisi baqala ukucama-
nga, besiti: Ngubanina lo uziteta ingxeko?
ngubanina ongazixolelayo izono, kupela
UTIXO yedwa? 22 Wazinakana u-Yesu izi-
camango zabo, wapendula wati kubo: Ni-
camanga 'nto nina ezinkliziyweni zenu?
23 okona kulula kukupina; ukuti: Uxo-
lelwe izono zako; ukuti: Suka, uhambe;



University of Fort Hare

kusinina? 24 kodwa ukuze nazi ukuba
unyana wesintu unegunya emhlabeni uku-
xolela izono, (wati konesifo sokushwaba-
nisa:) nditi kuwe: Suka, upate ukùko
lwako, uye endhlwini yako. 25 Wasele-
suka ke ebusweni babo, wapata lonto wa-
belele pezu kwayo, wemka waya endhlwini
yake, edumisa UTIXO. 26 Baza kwa bonke
babanjwa kukuti nqa, badumisa UTIXO; ba-
zaliswa kukwoyika kanjalo, besiti: Sibone
into ezimangalisayo namhla nje.

27 Wati emveni kwezizinto wapuma,
wabona umbuti weminikelo, ogama lingu-
Levi, ehleli endaweni yokwamkela imini-
kelo, wati kuye: Ndilandele. 28 Washiya
konke ke, wesuka, wamlandela. 29 Waza
u-Levi wamenzela isidhlo esikulu endhlwi-
ni yake: kwaye kuko umhlambi omkulu
wababuti beminikelo, nowabanye, abebe-
hleli pantsi nabo. 30 Baza ababàli bakubo,
kwa nabafarisi, barora kubadisipile bake,
besiti: Kunganina ukuba nitye nisele kunye
nababuti beminikelo naboni? 31 Waza
wapendula u-Yesu wati kubo: Abapilileyo
abasweli 'gqira; ngabafayo *abalisweleyo*.
32 Andizanga ukubiza abalungileyo, koko
*ndize ukubiza* aboni baguquke.

33 Kekaloku bati kuye: Kunganina u-
kuba abadisipile baka-Johane bazile ukutya
futi, benze nezikungo, kwa nababa-Farisi
kanjàlo, kanti abako bayatya basele? 34
Koko wati kubo: Usapo lwenkambili yom-
tshakazi ningalwenza luzile ukutya na,
oko umyeni analo? 35 Kodwa iya kuza
imihla nokuya umyeni aya kususwa kulo;
luya kwandula luzile ukutya kuleyomihla
ke. 36 Wabeteta nomzekeliso kubo, *esiti:*
Akuko 'mntu ubeka isiziba sengubo entsha
engutyeni endala; okanye, iti entsha ira-
zule *endala*, nakanjako isiziba esisesentsha
asilungelelani nendala. 37 Kanjalo akuko
'mntu uta iveyine entsha ezintsubeni
ezindala; okanye, iveyine entsha yozigqo-
boza intsuba, ize ipalale yona, zitshabalale
nentsuba; 38 koko iveyine entsha ifanel'
ukutiwa ezintsubeni ezikwa zintsha, za-
ndul' ukugcinwa zombini. 39 Kanjalo
akuko 'mntu oti akuba esele *iveyine* endala,
asuke afune entsha; ngokuba esiti: Endala
igqitisile ngokulunga.

6 KWAYE kute ngesabata yokuqala
emveni kweyesibini immini *yepasika*,
ebecanda emasimini: baza abadisipile bake
baka izikwebu, batya, behlikihla ngeza-
ndhla. 2 Koko abatile bakubafarisi bati
kubo: Yinina ukuba nikwenze oko eku-
ngafanelekile ukukwenza ngemmini yesa-
bata? 3 Waza u-Yesu wapendula kubo,
wati: Anike nileseshe oku na, owakwe-
nzayo u-Davide, okuya wabelambile yena
nabo babenaye; 4 okokuba wangena en-
dhlwini KATIXO, watabata izonka zoku-
bonakala, waza watya, wanika nabo ba-
benaye kanjalo, ekungafanelekile ukuba
zityiwe, kupela ngabaperisite bodwa? 5
Wabesiti kubo kanjalo: Unyana wesintu
uyinkosi yesabata nayo.

6 Kwaye kute nangennye isabata, wa-
ngena endhlwini yenklanganiso, wafundisa.
Kekaloku bekuko kona umntu osandhla
sokunene sibe sishwabene. 7 Bati aba-
bàli nabafarisi bamgqala, ukuba uya kupi-
lisa na ngesabata, ukuze bafumane into
yokumnika ityala ngayo. 8 Kodwa yena
ebesazi izicamango zabo, wati emntwini
obenesandhla esishwabeneyo: Suka, ume
pakati. Usukile ke wema. 9 Wandula
u-Yesu wati kubo: Ndobuza kuni into ibe
'nnye: Kufanelekile ngemmini yesabata
ukwenza okulungileyo, ukwenza okukohla-
keleyo, kusinina? ukulondoloza ubomi,
ukububisa, kusinina? 10 Waza ebasinga-
singele bonke wati emntwini: Yolula isa-
ndhla sako. Wenje njalo ke; saza isandhla
sake sabuya senziwa sipilile njengesinye.
11 Kodwa bona bazaliswa bubugeza, bate-
tana omnye nomnye, ukuba bangenza 'nto
nina ku-Yesu.

12 Kwaye kute ngaleyomihla, wapumela
entabeni ukuya kutandaza, wadhlulisa
ubusuku bonke ekutandazeni KUTIXO. 13
Kwaza kwati kwakuba kusile, wabiza aba-
disipile bake, wanyula kubo ishumi lina-
babini, owabanikayo negama lababostile:
14 u-Simone, (owamnikayo negama lika-
Petrosi,) no-Andreya umninawe wake;
u-Yakobi, no-Johane; u-Filipi, no-Bato-
lomeyu; 15 u-Mateyu, no-Tomasi; u-Ya-
kobi *unyana* ka-Alefeyu, no-Simone obe-
bizwa ngokuti ngumzeloti; 16 u-Jude *um-
ninawe* ka-Yakobi, no-Jude Sikariyoti, okwa
nguye owaba yingcatsha.

17 Waza wehla nabo, wema endaweni
ebutafa, kwa nomhlambi wabadisipile bake,
nesihlwele esikulu sabantu bevele kuyo
yonke i-Judeya nase-Yerusaleme, nase-
zweni lase-Tire ne-Tsidone kufupi no-
lwandhle, abebeze ukumva, nokupiliswa
ezifeni zabo; 18 nabo abebekatazwa ngo-



University of Fort Hare

moya abancolileyo; baye bepiliswa ke.
19 Kanjalo sonke isihlwele sasifuna ukum-
cukumisa; ngokuba kube kupuma ama-
ndhla kuye, abapilisa bonke.
20 Waza wapakamisa amehlo ake nga-
kubo abadisipile bake, wati: Ninetamsa-
nqa nina nibuhlwempu; ngokuba bubo-
benu ubukumkani BUKATIXO. 21 Nineta-
msanqa nina nilambayo kaloku; ngokuba
niya kuhlutiswa. Ninetamsanqa nina ni-
lilayo kaloku; ngokuba niya kuhleka. 22
Ninetamsanqa, nxa abantu baya kunitiya,
nanxa baya kunahlula *kubo*, banituke,
balahle negama lenu njengokuba likohla-
kele, ngenxa yake unyana wesintu.
23 Vuyani kuleyo immini, nixume ngom-
gcobo; ngokuba, bona ke, umvuzo wenu
umkulu ezulwini; ngokuba oyise babo
bebesenza ngokunjalo kubaprofite. 24
Kodwa hai ubunzima benu, nina nizityebi!
ngokuba senikwamkele ukwonwatyiswa
kwenu. 25 Hai ubunzima benu, nina
nihlutiyo! ngokuba niya kulamba. Hai
ubunzima benu, nina nihlekayo kaloku!
ngokuba niya kuba lusizi nilile. 26 Hai
ubunzima benu, xeshekweni bonke abantu
bateta kakuhle ngani! ngokuba oyise babo
bebesenza ngokunjalo kubaprofite aba-
buxoki.
27 Koko ndisiti kuni nivayo: Tandani
intshaba zenu, benzeleni okulungileyo abo
banitiyayo, 28 tamsanqelisani abo bani-
qalekisayo, nitandazele abo banipata ka-
kubi. 29 Okubetayo kwe*sinye* isidhlele,
mnikele nesinye; nosusayo ingubo yako,
ungamaleli *ukutabata* nesivato sapantsi.
30 Yipa bonke abacelayo kuwe; nohlu-
tayo okukokwako, ungabuyi ukubize kuye.
31 Kanjako njengokuba nitanda ukuba
abantu benze kuni, nani yenzani kwa
njalo kubo. 32 Nokuba niyatanda abo
banitandayo nina, niba nokubulelwa oku-
nina? ngokuba naboni betanda abo ba-
tanda bona. 33 Naxeshekweni nikwenza
okulungileyo kubo abo bakwenza okulu-
ngileyo kuni, niba nokubulelwa okunina?
ngokuba naboni bekwenza kwa kona. 34
Naxeshekweni niboleka abo nitemba ukuba
nobuya namkele kubo, niba nokubulelwa
okunina? ngokuba naboni beboleka aboni,
ukuze babuye bamkele okulingeneyo. 35
Kodwa tandani intshaba zenu, nenze oku-
lungileyo, niboleke ningatembi ukuba no-
buya *namkele* 'nto; waye umvuzo wenu
uya kuba mkulu, nani niya kuba ngonyana

bopezu kwonke: ngokuba yena enobubele
kwabo bangabuleliyo nabakohlakeleyo.
36 Yibani nenceba ngoko, njengokuba
NOYIHLO enenceba.
37 Ize ningabeki 'tyala, naningayi ku-
bekelwa 'tyala nani: ningagwebi, nani-
ngayi kugwetywa nani: kululani, naniya
kukululwa nina: 38 yipani, kwakuya ku-
piwa nina; ukulinganiswa okulungileyo,
okuhlohliweyo, nokuhlunguzelweyo, noku-
palalayo, kwopiwa esifubeni senu: ngo-
kuba okona 'kulinganisa enilinganisa
ngako, kwobuya kulinganiselwe nina.
39 Waza wateta umzekeliso kubo, *esiti:*
Imfama ingaka ikokele imfama na? aziyi
kweyela emnxunyeni zombini na? 40
Umdisipile akapezulu kumfundisi wake;
kodwa osukuba ezalisekile woba njengom-
fundisi wake. 41 Kuyinina ukuba uka-
ngela icetyana elisesweni lomzalwana
wako, kanti umqadi okwelako iliso aku-
wunakani? 42 Ungati nina nokuti kum-
zalwana wako: Mzalwana! vuma ndili-
kupe icetyana elisesweni lako; wena ngo-
kwako umqadi osesweni lako ungawuboni
nje? Sihanahanisindini! wukupe kuqala
umqadi esweni lako, wauya kwandula
ukolise ukubona ukulikupa icetyana elise-
sweni lomzalwana wako. 43 Ngokuba ku-
ngeko 'mti olungileyo uzihlanza iziqamo
ezibolileyo; kanjako akuko 'mti obolileyo
uzihlanza iziqamo ezilungileyo: 44 ngo-
kuba yonke imiti ngeminye isaziwa nge-
yazo iziqamo; ngokuba kungakiwa 'maki-
wane emingeni, kanjalo kungavunwa 'dre-
yive emtolweni. 45 Umntu olungileyo
kwimbekelo elungileyo yenkliziyo yake
uyavelisa okulungileyo; nomntu okohla-
keleyo kwimbekelo ekohlakeleyo yenkli-
ziyo yake uyavelisa okukohlakeleyo: ngo-
kuba umlomo wake uteta okuvela ekupu-
pumeni kwenkliziyo.
46 Kodwa yinina ukuba nindibiza ngo-
kuti, Nkosi, Nkosi! kanti anizenzi izinto
endizitetayo? 47 Osukuba esiza kumi,
eweva namazwi ami, ewenza nokuwenza,
ndonibonisa lowo afana naye: 48 Ufana
nomntu obesaka indhlu, owemba wangxo-
ka, wabeka umsekelo elulwalweni: kwati
kwakubako ukukukula kwamanzi, umsinga
watyobozela ngakulondhlu, kanti awaba
nako ukuyishukumisa; ngokuba ibise-
kelwe elulwalweni. 49 Kodwa owevayo,
engenzanga ke, ufana nomntu owaka indhlu
emhlabeni kungeko 'msekelo: owati umsi-



University of Fort Hare

nga watyobozela ngakuyo; yasuka yawa;
kwayo kukulu ke ukucitakala kwalo-
ndhlu.

7 WATI emvenikweni abegqibele zonke
iziteto zake ekuveni kwabantu, wangena
e-Kapenayume. 2 Kekaloku isicaka senko-
sikulu etile, esibe sibekwa yiyo, sasisifa,
siza kububa. 3 Yati yakuva ngaye u-Yesu,
yatuma kuye abadala bama-Juda, imtanda-
za ukuba eze asipilise isicaka sayo. 4
Kekaloku bakufika ku-Yesu, banxamela
ukumbongoza, besiti: Ufanele lowo uya
kumenzela oku; 5 ngokuba etanda uhlanga
lwetu, enguye kanjalo owasakela indhlu
yenklanganiso *yetu*. 6 Waza u-Yesu wa-
hamba nabo. Wati akuba engekabi kude
endhlwini, inkosikulu yatuma izihlobo
kuye, isiti kuye: Nkosi! ungakatazeki;
ngokuba ndingafanelekile ukuba ungene
ngapantsi kwentungo *yendhlu* yami: 7 ngoko
kanjalo andaba ndifanele mina ngokwami
ukuza kuwe: zutete ngelizwi, sasiya kuti
isicaka sami sipiliswe. 8 Ngokuba nami
ndingumntu omiswayo pantsi kwegunya
*labanye*, ndinamasodati pantsi kwami; nditi
ke kwelinye: Yiya! liye ke; nakwelinye:
Yiza! lize ke; nakwisicaka sami: Yenza
oku! senze ke. 9 Waza u-Yesu akuva
ezizinto wayitela nqa, wajika wati kwi-
sihlwele esibe simlandela: Nditi kuni, andi-
fumananga 'lukolo olungaka nakwa-Sira-
yeli. 10 Baza abo babetunyiwe babuyela
endhlwini, basifumana isicaka esibe sisifa
sipilile.
11 Kwaye kute ngolandelayo *umhla*,
waya esixekweni esibizwa ngokutiwa
yi-Nayine: kwaza kwampeleka into en-
ninzi yabadisipile bake, nesihlwele esi-
kulu *sabantu*. 12 Kekaloku xeshekweni
ebesondela esangweni lesixeko, bona ke,
bekutwalelwa pandhle *umntu* ofileyo, eku-
pela kwomntwana wonina, naye yena ebe-
ngumhlolokazi: saye sinaye isihlwele esi-
kulu sasesixekweni. 13 Yati INKOSI ya-
kumbona, yabetwa lusizi ngaye, yati kuye:
Ungalili. 14 Yayisiza yacukumisa itala;
bati abatwali bema. Yaza yati: Ndodana!
nditi kuwe, vuka. 15 Wasuka wahlala
ofileyo, waqala ukuteta. Yaza yamnikela
kunina. 16 Babanjwa kukwoyika ke kwa
bonke, baye bedumisa UTIXO, besiti: Umpro-
fite omkulu uvukile pakati kwetu; naka-
njalo: UTIXO ubakangele abantu bake.
17 Yaza lendaba ngaye yapumela kuyo
yonke i-Judeya, nakulo lonke ilizwe la-
ngakona.
18 Kwaye kushunyayelwa ku-Johane
ngabadisipile bake ngazo zonke ezizinto.
19 Waza u-Johane wabiza ababini baku-
badisipile bake, wabatuma ku-Yesu, esiti:
Unguye ozayo na, silinde omnye kusinina?
20 Kekaloku akufika kuye amadoda lawo,
ati: u-Johane umbapitizeshi usitumile
kuwe, esiti: Unguye ozayo na, silinde
omnye kusinina? 21 Wati ke ngelona
'xeshana wapilisa abaninzi ezifeni, nasezi-
bulaweni, nakomoya abakohlakeleyo; nem-
fama ezinninzi wazipa ukubona. 22 Waza
wapendula u-Yesu wati kubo: Hambani
nishumayeze u-Johane izinto enizibonileyo
nenizivileyo; zokuba imfama ziyamkela
ukubona kwazo, iziqwala ziyahamba,
amaleperi ayahlanjululwa, izitulu ziyeva,
abafileyo bayavuswa, amahlwempu indaba
ezilungileyo ziyashunyayelwa kuwo. 23
Kanjalo unetamsanqa osukuba engaxaka-
niswa ngami.
24 Kekaloku zakuba zimkile izitunywa
zika-Johane, waqala ukuti kwizihlwele
ngaye u-Johane: Nipumele enklango
ukuya kubonela 'nto nina? ingcongolo iza-
nyazanyiswa ngumoya na? 25 Kodwa
nipumile ukuya kubona 'nto nina? umntu
evatisiwe ngezivato ezitambileyo na? bona
ke, abo bahleli ekuvateni okubungcwa-
lisa nasebuyolweni basezindhlwini zoku-
mkani. 26 Kodwa nipumile ukuya kubona
'nto nina? umprofite na? ewe, nditi kuni,
nogqitisele umprofite. 27 Nguye lo ku-
bàliwe ngaye *ukuti:* Bona ke, ndiyatuma
isitunywa sami pambi kwobuso bako, esiya
kulungisa indhlela yako pambi kwako.
28 Ngokuba ndisiti kuni: Pakati kwaba-
zelweyo ngabafazi akuko namnye umpro-
fite omkulu ku-Johane umbapitizeshi;
kodwa lowo umncinane kwabanye ebu-
kumkanini BUKATIXO umkulu kuye.
29 Baza bonke abantu bakuva, kwa
nababuti beminikelo, bavumela ukulunga
KUKATIXO, bebapitizeshiwe ngobapitizesho
luka-Johane. 30 Kodwa abafarisi naba-
qondisimteto bazilahlela icebo LIKATIXO,
bengabapitizeshwanga nguye.
31 Yayisiti INKOSI: Ndobafanisa nanto
nina abantu besisizukulwana? bafana nanto
nina ke? 32 Bafana nabantwana behleli
endaweni yentengo, bememezelana, besiti
nokuti: Sanigwalela, anaduda ke; sane-
nzela isililo, analila ke. 33 Ngokuba u-



University of Fort Hare

Johane umbapitizeshi ezile engatyi 'sonka
engaseli 'veyine, naza nati: Unedemoni.
34 Unyana wesintu uzile esitya esela,
naza nati: Nanku umntu ozinxalayo oli-
nxila, umhlobo wababuti beminikelo na-
boni. 35 Kanti ubulumko bugwetyelwe
lusapo lwabo lwonke.

36 Kekaloku owabasebafarisini wamta-
ndaza ukuba atye naye. Waza wangena
endhlwini yomfarisi lowo, wahlala eku-
tyeni.

37 Waza wati, bona ke, umfazi wase-
sixekweni, obengumoni, akuqonda ukuba
uhleli ekutyeni endhlwini yomfarisi lowo,
wazisa iqaka leyalabastere linamafuta
'mnandi, 38 wema ngasezinnyaweni zake
ngasemva elila, waqala ukunyela innyawo
zake ngennyembezi, wazisula ngennwele
zenkloko yake, wanga innyawo zake, wa-
zitambisa ngamafuta 'mnandi lawo. 39
Kekaloku umfarisi obemmemile, akubona
*oko*, wateta pakati kwake, esiti: Lo, ukuba
ebengumprofite, ngeeba esazi ukuba ungu-
banina nokuba ungonjanina lomfazi umcu-
kumisayo; ngokuba engumoni.

40 Waza wapendula u-Yesu wati kuye:
Simone! ndifun' ukuteta into kuwe: (Wa-
yesiti: Mfundisi! yitete:) 41 Bekuko aba-
ntu ababini ababenetyala kumboleki etile:
omnye wabenetyala ledenari ezimakulu
mahlanu, omnye wabenelezimashumi ma-
hlanu. 42 Kekaloku bengenanto yoku-
hlaula, wabaxolela bobabini. Ndixelele
ngoko, nguwupina kubo oya kumtanda ngo-
kukulu? 43 Wapendula u-Simone wati:
Ndiba ngulowo wamxolelayo okukulu.
Wati kuye: Ulungisile ukugweba kwako.

44 Waza wajikela ngakumfazi, wati ku-
Simone: Uyambona na lomfazi? Ndange-
na endhlwini yako; amanzi akwawani-
kela innyawo zami; kodwa lo wanyela
innyawo zami ngennyembezi, wazisula
ngennwele zenkloko yake: 45 akwanda-
nga; kodwa lo, kuseloko ndangenayo, aku-
yekanga ukwanga innyawo zami: 46 inklo-
ko yami akwayitambisa ngeoli; kanti lo
uzitambisile innyawo zami ngamafuta
'mnandi. 47 Ngennxa yoku nditi kuwe:
Zixolelwe izono zake ezininzi, ngokuba
watanda kakulu: kanti lowo uxolelwayo
okuncinane, uyatanda kancinane. 48 Wa-
yesiti kuye: Zixolelwe izono zako. 49
Baza abo babehleli ekutyeni ndawonye
*naye* baqala ukuti pakati kwabo: Ngu-
banina lo, oxolelayo nezono? 50 Waye-
siti kumfazi: Ukolo lwako lukusindisile;
hamba ngoxolo.

8 KWAYE kute kamva, wayehamba nge-
zixeko ngezixeko nangemizi ngemizi,
eshumayela exela nokuxela indaba ezi-
lungileyo zobukumkani BUKATIXO; benaye
nabalishumi linababini, 2 nabafazi abatile
ababe bepilisiwe komoya abakohlakeleyo
nasezilwelweni, u-Mariya obizwa ngom-
Magadala, obekupumile kuye idemoni ezi-
sixenxe, 3 no-Johana umfazi ka-Kuza igosa
lika-Herodi, no-Susana, nabanye abaninzi,
abebemkonza ngempahla yabo.

4 Kekaloku kwakubutana isihlwele esi-
kulu, besiza kuye abakuzo zonke izixeko,
wazekelisa wati:

5 Umhlwayeli wapuma ukuya kuhlwa-
yela imbewu yake; nasekuhlwayeleni
kwake, innxennye yawa ngasendhleleni;
yaza yanyatelwa, zati intaka zezulu za-
yidhla. 6 Yawa ennye elulwalweni; yati
yakuba ihlumile yabuna, ngokuba inge-
nako ukunyakama. 7 Yawa nennye pa-
kati kwemitolo; yaza imitolo yahluma
kunye nayo, yayitshwencisa. 8 Yawa
nennye emhlabeni olungileyo; yati ya-
kuba ihlumile yavelisa iziqamo ngekulu.
Wati esitsho ezizinto wadanduluka, *esiti*:
Onendhlebe zokuva, makeve.

9 Baza abadisipile bake bambuza, be-
siti: Ungati nina umzekeliso lo? 10 Wa-
yesiti: Kunikiwe nina ukwazi imfihlakalo
zobukumkani BUKATIXO: kodwa abanye
*kutetwa* kubo ngemizekeliso; ukuze bati
bebona nje, bangaboni; bati kanjalo besiva
nje, bangaqondi.

11 Kekaloku umzekeliso nguwo lo *wo-
kuti*: Imbewu ililizwi LIKATIXO. 12 Abo
bangasendhleleni ke, bangabo bevayo; kwa-
ndule ukuza u-Satane asuse ilizwi enkli-
ziyweni yabo, ukuze bangakolwa basi-
ndiswe. 13 Abo baselulwalweni ke, nga-
bati xeshekweni bavileyo, balamkele ilizwi
ngovuyo; kanti aba abanangcambo, aba-
kolwayo kube 'mzuzu, bati ngexesha loku-
lingwa bapambuke. 14 Leyo ke yawayo
emitolweni, aba bangabo abati bakuba be-
vile, bahambe barwishwe zizitukutezi no-
butyebi nemihlali yokudhliwa kwobomi,
baze bangaqami kuvutwe. 15 Leyo ke
isemhlabeni olungileyo, aba bangabo abati
ngenkliziyo elungileyo netambileyo, ba-
kuba bevile, balibambe ilizwi, baxakate
izixakato ngokunyamezela.



University of Fort Hare

16 Akuko 'mntu oti, akubaneka isibane,
asigubungele ngesitya, umhlaumbi asibeke
pantsi kwesihlalo; uti asibeke pezu kwe-
kandelare, ukuze abangenayo babone uku-
kanya. 17 Ngokuba kungeko '*nto* efihla-
keleyo, engayi kubonakaliswa; kanjako
akuko '*nto* efihliweyo, engayi kwaziwa,
ize ekuhleni. 18 Lumkani ngoko ukuba
niti nina ukuva: ngokuba osukuba enako,
kuya kupiwa yena; kanti osukuba enge-
nako, uya kuhlutwa kwa oko aba unako.

19 Kekaloku kwasondela kuye unina
nabazalwana bake; bakohlwa ke kumfi-
kelela ngennxa yesihlwele. 20 Kwaza
kwashunyayelwa kuye, kusitwa: Unyoko
nabazalwana bako bemi pandhle, befuna
ukukubona. 21 Koko wapendula wati
kubo: Umá nabazalwana bami bangaba,
abalivayo ilizwi LIKATIXO, balenze.

22 Kwaye kute ngemmini etile, wangena
yena ennqanaweni, kwa nabadisipile bake;
waza wati kubo: Masiwele siye kwelinga-
pesheya icala lolwandhlana. Banduluka
ke. 23 Kekaloku nxa bebeselisha, walala
ubutongo: kwaza kwehla uqwitela lwom-
moya pezu kwolwandhlana, bada bafun'
ukuzalelwa *ngamanzi*, baza kuba semgcipe-
kweni ke. 24 Beza *kuye* bamvusa, besiti:
Nkosi, Nkosi, siyabuba! Wavuka ke wa-
kalimela ummoya nokulwa kwamanzi;
kwapeza ke, kwaza kwabako ukuzola. 25
Wayesiti kubo: Lupina ukolo lwenu?
Kodwa bebesoyika bati nqa, besiti omnye
kwomnye: Ngubanina kanti lo, eyalela
nemimoya namanzi nje, zimve ke?

26 Baza baselishela ezweni lama-Gadara,
elimalungana ne-Galili. 27 Wati aku-
pumela emhlabeni, kwamkaulela indoda
etile yasesixekweni esekukade inazo ide-
moni, yayingambati 'ngubo, yayingahlali
endhlwini kanjalo, koko *yahlala* emanca-
beni. 28 Yati kekaloku yakubona u-Yesu,
yadanduluka, yawa pantsi pambi kwake,
yati ngelizwi elikulu: Ndiyinto nina kuwe,
Yesu, Nyana KATIXO opezu konke? ndiya-
kukunga, zungandimbeli! 29 (Ngokuba
ebeyalele umoya oncolileyo ukuba apume
emntwini lowo; ngokuba bekukaninzi
ebemqubule; wabegcinwa enxityiwe nge-
mixokolelwane nangamakamandela; waza
eqaula izinxibo wagxotelwa ezindaweni
ezilubala yidemoni.) 30 Waza wayibuza
u-Yesu, esiti: Ngubanina igama lako?
Yayisiti: Ngu-Bandhlalikulu; ngokuba
idemoni ezininzi bezingene kuyo. 31 Zaza
zambongoza, aze angaziyaleli ukuba
zimke ziye esihogweni. 32 Kwabekuko
apo umhlambi wehangu ezininzi zisidhla
entabeni. Zaza zambongoza ukuba azivu-
mele zingene kuzo ezo. Wazivumela ke.
33 Zati idemoni zapuma emntwini lowo
zangena ezihangwini; waza umhlambi
wagalelekela ngeliwa apo elwandhlana,
wamiwa ke. 34 Baza abo babesalusa,
bakubona oko kwenzekileyo, babaleka,
baya bashumayela *indawo* esixekweni na-
semapandhleni. 35 Bati ke *abantu* bapuma
ukuya kubona into eyenzekileyo, beza ku-
Yesu, bamfumana ehleli pantsi lowamntu
zibe zipumile kuye idemoni, evatile, eno-
kuqonda kwake, ngasezinnyaweni zika-
Yesu; basuka boyika. 36 Bati kanjalo
abo babebonile babashumayeza ukuba wa-
tiwa nina ukupiliswa lowo ubengenelwe
zidemoni. 37 Saza sonke isihlwele sase-
zweni elipahlayo lama-Gadara samtandaza
ukuba emke kubo; ngokuba bebebanjwa
kukwoyika okukulu. Waza yena wangena
ennqanaweni, wabuya.

38 Kekaloku indoda zibe zipumile kuyo
idemoni ibimkunga ukuba ibe naye.
Kodwa wayindulula u-Yesu, esiti: 39 Bu-
yela endhlwini yako, ubalise izinto ezi-
ngakanana akwenzele zona UTIXO. Yaza
yemka, ishumayela kuso sonke isixeko
izinto ezingakanana abeyenzele zona u-
Yesu.

40 Kwaza kwati akuba ebuyile u-Yesu,
abantu bamamkela ngembuko; ngokuba
bonke bebemlinda.

41 Kekaloku bona ke, kwafika indoda
egama lalingu-Yahire, ebingumpati wen-
dhlu yenklanganiso, yawa pantsi ngase-
zinnyaweni zika-Yesu, yambongoza ukuba
angene endhlwini yayo: 42 ngokuba ibi-
nentombi ikupela kwomntwana wayo, emi-
nyaka yobudala ngati yalishumi linami-
bini, yati yona yafun' ukufa. Kwati eku-
hambeni kwake, izihlwele zamxinanela.

43 Kekaloku umfazi obenegqita legazi
kwasekuyiminyaka ilishumi linamibini,
obegqibele kanjako konke apila ngako
emagqireni, engabanga nako ukupiliswa
'mntu, 44 weza ngasemva, wacukumisa
umqukumbelo wengubo yake; laselinqa-
mka kwa oko igqita legazi lake. 45 Waza
wati u-Yesu: Ngubanina owandicenku-
misayo? Kekaloku bakukanyela bonke,
wati u-Petrosi nabo babenaye: Nkosi!
izihlwele zikuxinga zikuncinezela nje, uti



University of Fort Hare

ke na: Ngubanina owandicukumisayo?
46 Koko u-Yesu wati: Kuko owandicuku-
misayo; ngokuba ndandisazi ukuba ama-
ndhla apuma kumi. 47 Wati ke umfazi
lowo akubona ukuba akafihlakele, weza
engcangcazela, wawa pantsi pambi kwake,
wamshumayeza ebusweni babantu bonke
ituba abemcukumisile ngalo, nokokuba
wapiliswa kwa oko. 48 Wayesiti kuye:
Yomelela, ntombi! ukolo lwako lukupili-
sile; hamba ngoxolo.
49 Nxa abesateta, kwafika owakowabo
umpati wendhlu yenklanganiso, esiti kuye:
Ifile intombi yako; ungamkatazi umfu-
ndisi. 50 Kuloko u-Yesu, evile nje, wa-
pendula kuye, esiti: Ungoyiki; kolwa ko-
dwa, yaiya kupiliswa. 51 Wati akufika
endhlwini, akavumela 'mntu ukuba angene,
kupela u-Petrosi, no-Yakobi, no-Johane,
noyise wentombazana nonina. 52 Keka-
loku bebelila bonke, bayenzela isijwili.
Kodwa wati: Ningalili; ayifile, ilele 'bu-
tongo. 53 Basuka bamhleka, besazi ukuba
ifile. 54 Kuloko yena akuba ebakupele
pandhle bonke, wabamba isandhla sayo,
wadanduluka, esiti: Ntombazana, vuka!
55 Waza ummoya wayo wabuya weza,
yaselisuka kwa oko. Kanjalo wayalela
ukuba inikwe ukudhla. 56 Bati ke aba-
zali bayo bamangaliswa; kodwa wabayala
ukuba mabangaxeleli 'mntu into eyenze-
kileyo.

9 WATI kekaloku wababizela ndawonye
kuye abadisipile bake abalishumi lina-
babini, wabanika amandhla negunya pezu
kwazo zonke idemoni, nokuba bapilise izifo.
2 Waza wabatuma ukuya kushumayela
ubukumkani BUKATIXO, nokupilisa abafayo,
3 wati kubo: Ningapati 'nto ibe yeyen-
dhlela; ningazi*pati* intonga, nennxowa,
nesonka, nemali; ningabi nazo ingubo
'mbini ngabanye kanjalo. 4 Nendhlu eni-
sukuba ningena kuyo, hlalani kona, nimke
nakona. 5 Nabasukuba benganamkeli nina,
niti nakupuma kwesosixeko, nivutulule
notuli ezinnyaweni zenu, kube sisinqino
ngakubo. 6 Bapuma ke bacanda izixeko
ngezixeko, beshumayela ivangeli bepilisa
nokupilisa ezindaweni zonke.
7 Kekaloku u-Herodi inkosi weva zonke
izinto ezibe zisenziwa nguye; wayexaka-
kile, ngokuba kube kusitwa ngabanye: u-
Johane uvukile ekufeni; 8 nangabanye:
u-Elija ubonakele; nangabanye: Owaba-
profite bakudala ubuye wavuka. 9 Waza
wati u-Herodi: u-Johane ndandimnqumla
inkloko; kodwa ungubanina lo, endiziva
ngaye izinto ezinje? Wabefuna ukumbona
ke.
10 Bati abapostile bakubuya, bambali-
sela konke ababekwenzile. Waza wabata-
bata naye, wapambukela ngasese endaweni
elubala yasesixekweni esibizwa ngo-Bete-
sayida. 11 Zati izihlwele zakwazi, zam-
landela; waza wazamkela, wateta kuzo
ngobukumkani BUKATIXO, nabo babeswele
ukupiliswa wabapilisa.
12 Kekaloku immini yaqala ukusangana;
baza abalishumi linababini beza bati kuye:
Sindulule isihlwele; baze bemke baye emi-
zini epahlayo nasemapandhleni, balalise,
bafumane nento yokutya; ngokuba apa si-
sendaweni elubala. 13 Kodwa wati kubo:
Bapeni nina ukuba batye. Baza bati: Asi-
nanto epezu kwezonka ezihlanu nenklanzi
ezimbini, ukuba asiti umhlaumbi siye si-
tengele bonke ababantu ukudhla. 14 Ngo-
kuba ebengati amadoda ngamawaka ama-
hlanu. Wayesiti kubadisipile bake: Bahla-
liseni pantsi ngamaqela, ngawamashumi
mahlanu. 15 Benje njalo ke, babahlalisa
pantsi kwa bonke. 16 Waza watabata
izonka ezihlanu nenklanzi zombini, wa-
kangela ngasezulwini, wazitamsanqelisa,
waqezula, wanikela kubadisipile babeke
pambi kwesihlwele. 17 Batya bahluta
bonke: kanjalo kwasuswa amaqezu ase-
leyo kubo, izitya zazilishumi linazibini.

18 KWAYE kute xeshekweni ebeyedwa
etandaza, bebeko naye abadisipile *bake*:
waza wabuza kubo, esiti: Ngubanina ziti
izihlwele ndinguye? 19 Bapendula bati:
*Kutwa* ngu-Johane umbapitizeshi; *bati*
kodwa abanye ngu-Elija; *bati* nabanye:
Omnye wabaprofite bakudala ubuye wa-
vuka. 20 Wayesiti kubo: Kodwa nguba-
nina eniti nina ndinguye? Wapendula
u-Petrosi wati: Ngu-Krestu KATIXO. 21
Waza wabayala kakulu, wayalela ukuba
mabangaxeleli 'mntu oku, 22 esitsho ukuti:
Unyana wesintu ufanele ukuva inklungu
ezininzi, nokulahlwa ngabo abadala na-
baperisite abakulu nababali, nokubulawa,
nokuvuswa ngomhla wesitatu.
23 Wabesiti kanjalo kubo bonke: Ukuba
umntu uyafuna ukuza emva kwami, maka-
zikanyeze, apate ikuruse yake imihla nge-
mihla, andilandele. 24 Ngokuba lowo



University of Fort Hare

usukuba efuna ukulondoloza ubomi bake,
buya kumlahleka; nosukuba elahlekana
nobomi bake ngennxa yami, oyena wo-
bulondoloza. 25 Ngokuba kuya kunceda
'nto nina umntu, akulizuza ilizwe lonke,
wati yena ngokwake walahleka, umhlau-
mbi wazizuzela ingozi? 26 Ngokuba lowo
usukuba enenkloni ngami nangamazwi
ami, oyena unyana wesintu woba nenkloni
ngaye, akuza ebungcwaliseni bake, nako-
BOYISE, nakobengelosi ezingcwele. 27 Ko-
dwa nditi kuni ngokwennyaniso: Bako in-
nxennye yabemiyo apa, abangasayi kuva
ukufa, bade babone ubukumkani BUKA-
TIXO.

28 Kwaye kute intsuku zingati zisibozo
emveni kweziziteto, watabata naye u-
Petrosi, no-Johane, no-Yakobi, wenyukela
entabeni ukuya kutandaza. 29 Kwati e-
kutandazeni kwake ukubonakala kwobuso
bake kwenziwa ngakumbi, nokuvata kwake
*kwaba* kubengezela ngokumhlope. 30 Ke-
kaloku bona ke, amadoda amabini ebeteta
naye, abe engu-Mosesi no-Elija; 31 aba-
bonakalayo ebungcwaliseni, bateta ngo-
kufa kwake abeza kukufeza e-Yerusaleme.
32 Kodwa u-Petrosi nabo bebenaye babe
benzima bubutongo: bati bakuvuka, ba-
bona ubungcwalisa bake, namadoda lawo
omabini abemi naye. 33 Kwaza kwati,
nxa abesahlukana naye, wati u-Petrosi ku-
Yesu: Nkosi! kulungile ukuba sibe lapa;
masenze ke amapempe abe matatu, elinye
libe lelako, elinye libe lelika-Mosesi, elinye
libe lelika-Elija; engazi into ayitetayo.
34 Kekaloku nxa ebesitsho, kwafika ilifu
labasibekelela; boyika ke bakungena abo
elifini. 35 Kanjalo ilizwi lavela elifini,
lisiti: Lo ngunyana wami otandiweyo;
mveni yena. 36 Lati lakuba lidhlule
ilizwi, wafunyanwa u-Yesu eyedwa. Baza
bona bati cwaka, abatyela 'mntu kanjako
kwezontsuku nannye yezozinto baziboni-
leyo.

37 Kwaye kute ngomhla olandelayo,
bakuba behlile entabeni, samkaulela isi-
hlwele esikulu. 38 Kekaloku bona ke,
indoda yasesihlweleni yamemeza, isiti:
Mfundisi! ndiyakukunga, kangela unyana
wami; ngokuba ekupela kwomntwana
wami. 39 Uti, bona ke, umoya ambambe,
asuke akale ke; kanjalo uyamruzula ade
abe nokuxapa amagwebu, aze ati emapula
nje emke kuye ngento enzima: 40 ndaza
ndakunga abadisipile bako, ukuba ma-
bamkupe; bakohlwa ke. 41 Wapendula
u-Yesu wati: Sizukulwana esingakolwayo
ezigwenxa! ndobako kuni ndininyamezele
kude kube ninina? zisela apa unyana
wako. 42 Kekaloku nxa ebeseza, yamti
kahla idemoni, yamruzula. Koko u-Yesu
watetisa umoya oncolileyo, wapilisa um-
fana, wamnikela kanjako kuyise. 43 Ba-
bemangaliswa ke bonke pezu kwobukulu
BUKATIXO.

Kanti bakuba bonke bebetela nqa zonke
ezozinto wazenzayo u-Yesu, wati kuba-
disipile bake: 44 Wabekeleni nina la-
mazwi indhlebe zenu: ngokuba unyana
wesintu eza kunikelwa ezandhleni za-
bantu. 45 Kodwa bebengaqondi isiteto
esi; saye sibafihlelwe, bada abasiva; be-
besoyika ukumbuza ngesiteto esi kanjalo.
46 Kwaye kuvuka impikisano pakati
kwabo, yokuti, ngubanina wakubo ongaba
mkulu kwabanye. 47 Wati u-Yesu wa-
bona ukucamanga kwenkliziyo yabo, wa-
bamba umntwana, wammisa ngakuye, 48
waza wati kubo: Osukuba esamkela lo-
mntwana egameni lami, uyamkela mina;
nosukuba esamkela mina, uyamkela lowo
wanditumayo: ngokuba lowo umncinane
kwabanye pakati kwenu nonke, nguye oya
kuba 'mkulu.
49 Waza wapendula u-Johane wati:
Nkosi! sabona umntu ezikupa idemoni
egameni lako; saza samalela, ukuba enga-
landeli nati. 50 Wayesiti u-Yesu kuye:
Ningamaleli; ngokuba ongalani nati enge-
cala letu.

51 KWAYE kute nxa ibisel' ifika imihla
yokunyuselwa kwake, wati yena wabekisa
ubuso bake ukuya e-Yerusaleme. 52 Waza
watuma izitunywa pambi kwobuso bake;
ezaya zangena emzini wama-Samariya,
ukuze zimlungisele. 53 Akamamkela ke,
kuba ubuso bake bebusinga e-Yerusaleme.
54 Baza abadisipile bake u-Yakobi no-
Johane, bakubona *oko*, bati: Nkosi! uya-
tanda na sixele ukuba umlilo uhle ezu-
lwini, uwagqibele, njengokuba no-Elija
wenje njalo? 55 Kodwa wajika wabate-
tisa, wati nokuti: Anazi ukuba ninga-
bommoya omnina; 56 ngokuba unyana
wesintu engezanga ukububisa ubomi ba-
bantu, koko *eze* uku*bu*londoloza. Baza
baya kwomnye umzi.
57 Kwaye kute ekuhambeni kwabo en-
dhleleni, watsho *umntu* otile kuye ukuti:



University of Fort Hare

Ndokulandela, apo usukuba uhambela
kona, Nkosi! 58 Waza u-Yesu wati kuye:
Impungutye zineminxuma, nentaka zezulu
zinendawo zokuhlala; kanti unyana we-
sintu akanandawo apo angalalisa kona
inkloko.

59 Wayesiti kwomnye: Ndilandele. Ko-
dwa wati: Nkosi! ndivumele ukuba' ndi-
hambe nditi tanci ndiye kuncwaba ubawo.
60 Koko u-Yesu wati kuye: Yekela aba-
fileyo ukuncwaba abafileyo bakowabo;
kodwa wena hamba uye ushumayele ubu-
kumkani BUKATIXO.

61 Wati ke nomnye: Ndokulandela,
Nkosi! kodwa kuqala ndivumele ukuba
ndiye kubulisa abasendhlwini yami. 62
Koko u-Yesu wati kuye: Akuko 'mntu oti,
esibekile isandhla sake epuluweni, eka-
ngela ngasemva, alungele ubukumkani
BUKATIXO.

10 EMVENI kwezizinto ke yadala INKOSI
nabanye, bemashumi asixenxe, yaba-
tuma ngababini ngababini pambi kwobuso
bayo, kuzo zonke izixeko nendawo apo
ibiza kuti yona iye kona.

2 Yandula yati kubo: Isivuno okunene
sininzi, kodwa abasebenzi bancinane; ta-
ndazani ngoko KWINKOSI yesivuno, ize iku-
pele esivunweni sayo abasebenzi. 3 Ha-
mbani; bona ke, ndiyanituma njengemvana
pakati kwenncuka. 4 Ningatwali 'sidhla,
nennxowa, nezihlangu; ningabulisi 'mntu
endhleleni kanjalo.

5 Nendhlu enisukuba ningena kuyo,
yitini kuqala: Uxolo malube kulendhlu!
6 Ukuba ke unyana woxolo ukona, uxolo
lwenu luya kupumla pezu kwayo; okanye,
luya kubuya luze kuni. 7 Hlalani ke ku-
leyo yona indhlu, nisidhla nisela ezonto
banazo; ngokuba umsebenzi efanelo um-
vuzo wake. Ningesuki kwennye indhlu
ukuya kwennye.

8 Nesixeko enisukuba ningena kuso,
baze banamkele, yidhlani ezonto zibe-
kwayo pambi kwenu, 9 nipilise abafayo
abakuso, niti kubo: Ubukumkani BUKA-
TIXO sebukufupi kuni. 10 Kodwa isixeko
enisukuba ningena kuso, baze bangana-
mkeli, pumelani ezitarateni zaso, nitsho
ukuti: 11 Kwa notuli lwasesixekweni
senu, olunamatelayo kuti, siyalusulela nga-
kuni: noko yazini oku, ukuba ubuku-
mkani BUKATIXO sebukufupi kuni. 12 Ko-
dwa nditi kuni: Kwonyamezelekela i-
Sodome ngomhla lowo, ngapezu kweso-
sixeko.

13 Hai ubunzima bako, Korazine! hai
ubunzima bako, Betesayida! ngokuba ize-
nzo zamandhla ezenzelwa kuni ukuba za-
zenzelwe e-Tire nase-Tsidone, zinga zibe
ziguqukile kade zihleli enklakanklakeni
naselututwini. 14 Kanjako kwonyamezc-
lekela i-Tire ne-Tsidone emgwetyweni,
ngapezu kwenu. 15 Nawe, Kapenayume!
opakanyiselweyo kwa sezulwini, uya ku-
hliselwa kwa sehadesi.

16 Ovayo nina, uyeva mina; nowalayo
nina, uyala mina; nowalayo mina, uyala
owanditumayo.

17 Bati kekaloku abamashumi asixenxe
babuya ngovuyo, besiti: Nkosi! kwa ne-
demoni ziyasilulamela ngalo igama lako.
18 Yayisiti kubo: Ndandibona u-Satane
esiwa ezulwini njengokubaneka. 19 Bona
ke, ndiyanipa igunya lokunyatela innyoka
nonomadudwane, napezu kwawo onke ama-
ndhla otshaba; kungabiko nento eya kuka
inenzakalise. 20 Noko ningavuyi ngoku,
ukuba omoya banilulamele; kodwa vuyani
ngakumbi ukuba amagama enu abàlelwe
ezulwini.

21 Ngeloxeshana wagcoba u-Yesu emmo-
yeni, wati: Ndiyakubulela, Bawo, Nkosi
yezulu nomhlaba! ukuba ufihlele izilumko
nezazi ezizinto, wazityilela intsana: ewe,
Bawo! ngokuba okunjalo bekukolekile
ebusweni bako. 22 Zonke izinto zini-
kelwe kumi NGUBAWO: kanjako akuko
'mntu owaziyo ukuba ungubanina UNYANA,
kupela NGUYISE, nokuba ungubanina UYISE,
kupela NGUNYANA, nosukuba UNYANA etanda
ukumtyilela yena.

23 Waza wajikela ngakubadisipile, wati
ngasese: Anetamsanqa amehlo abona izinto
enizibonayo; 24 ngokuba ndisiti kuni:
Baninzi abaprofite nokumkani ababefuna
ukubona izinto enizibonayo nina, kanti
abazibonanga; nokuva izinto enizivayo,
kanti abazivanga.

25 Kekaloku bona ke, wesuka umqondi-
simteto otile, emlinga, esiti nokuti: Mfu-
ndisi! ndiya kwenza 'nto nina ukuba ndi-
dhle ilifa loboni obungunapakade? 26
Wayesiti kuye: Yinto nina ebàliweyo em-
tetweni? uti nina ukulesesha? 27 Wa-
pendula wati: Uya kumtanda UYEHOVA,
UTIXO wako, ngayo yonke inkliziyo yako,
nangawo wonke umpefumlo wako, nanga-
wo onke amandhla ako, nangayo yonke



University of Fort Hare

ingqondo yako; nommelwane wako nje-
ngokuzi*tanda* kwako. 28 Wayesiti kuye:
Ulungisile ukupendula kwako; yenza oku,
wauya kudhla ubomi. 29 Kodwa yena efuna
ukuzigwebela wati ku-Yesu: Ungubanina
ke ummelwane wami? 30 Wapendula u-
Yesu wati: Umntu otile wehla e-Yerusa-
leme waya e-Jeriko, wawa pakati kwama-
bada, ati wona amhluba ingubo zake, ame-
nzela amanxeba, emka, emshiyile ngoku-
ngati uza kufa. 31 Kwahla kwehla um-
perisite otile ngaleyondhlela, owati akum-
bona wadhlula ngelinye icala. 32 Kwa
njalo ke nom-Levi akufika kulondawo,
weza, wabona, wadhlula ngelinye icala.
33 Kodwa um-Samariya otile esekuha-
mbeni weza kufupi naye, owati akumbona
wabetwa lusizi, 34 wasondela, wabopa
amanxeba ake, egalela ioli neveyine; waza
wamkwelisa pezu kwelake ibashe, wamsa
entangeni, wamgcina. 35 Wati ngomnye
umhla akumka, warola idenari zambini, wa-
zinika kumnínintanga, wati kuye: Mgcine
ke; nento usukuba usalekela ukuyicita,
ndoti mina, nxa ndibuya ndize apa, ndi-
yibuyisele kuwe. 36 Nguwupina ngoko
waba 'batatu uti wena uzenze ummelwane
kulowo ubewile pakati kwamabada? 37
Wayesiti: Ngulowo wamenzelayo ububele.
Wandula wati u-Yesu kuye: Hamba,
yenza kwa njalo nawe.

38 Kwaye kute ekuhambeni kwabo,
wati yena wangena emzini otile; waza
umfazi otile, ogama lingu-Marita, wama-
mkela endhlwini yake. 39 Wabe lo enaye
udade obizwa ngo-Mariya, obesiti yena,
ehleli ngasezinnyaweni zika-Yesu, wapu-
lapula ilizwi lake. 40 Kodwa u-Marita
waebideka ngokukonza okukulu; waza
wema kufupi wati: Nkosi! akukatali
na kukuba udade wami undiyekelele
ndikonze ndedwa? mxelele ngoko ukuba
andincede. 41 Koko wapendula u-Yesu
wati kuye: Marita, Marita! unesitukutezi
nesipitipiti ngezinto ezinninzi; 42 ko-
dwa inye into eswelekayo; no-Mariya
usiqashile esosabiwo silungileyo, esingayi
kususwa kuye.

11 KWAZA kwati, nxa ebesendaweni
etile etandaza, akupeza, wati omnye
wakubadisipile bake kuye: Nkosi! sifu-
ndise tina ukutandaza, njengokuba no-
Johane wafundisa abadisipile bake. 2
Wayesiti kubo: Xeshekweni nitandazayo,
yitini: Bawo wetu osezulwini! Malipatwe
ngobungcwele igama lako. Ubukumkani
bako mabufike. Intando yako mayenziwe
emhlabeni, njengokuba *isenziwa* ezulwini.
3 Sipe imihla ngemihla ukutya kwetu
kwemihla ngemihla. 4 Usixolele izono
zetu, ngokuba nati sixolela bonke abonayo
kuti. Ungasingenisi ekulingweni, zusisi-
ndise enkohlakalweni.

5 Waza wati kubo: Nguwupina kuni
oya kuba nomhlobo, waeya kuya kuye pa-
kati kwobusuku, aze ati kuye: Mhlobo!
ndiboleke izonka zibe zitatu; 6 ngokokuba
umhlobo wami efikile kumi evela ekuha-
mbeni, endingenanto yokubeka pambi
kwake: 7 aze lowo upakati apendule ati:
Ungandikatazi; ucango seluvaliwe, naba-
ntwana bami bako nami endaweni yoku-
lala; andingevuke ndikunike? 8 Nditi
kuni:-Nokuba akayi kuvuka amnike, ngen-
nxa yokuba engumhlobo wake, woti noko,
ngennxa yokujoka kwake, avuke amnike
zonke azifunayo.

9 Kanjalo nditi mina kuni: Celani, na-
niya kupiwa; funani, naniya kufumana;
qongqotani, naniya kuvulelwa. 10 Ngo-
kuba bonke abacelayo besamkela, nofunayo
uyafumana, noqongqotayo uya kuvulelwa.
11 Nguwupina wakuni onguyise, oya kuti,
ukuba unyana *wake* uya kucela kuye iso-
nka, amnikele ilitye? nokuba *uya kucela*
inklanzi, endaweni yenklanzi amnikele
innyoka? 12 umhlaumbi nokuba uyacela
iqanda, amnikele unomadudwane? 13
Ngako ukuba nina, nikohlakele nje, niyazi
ukupa abantwana benu izipo ezilungileyo,
kwoba kangakananina ngakumbi aya kuti
UYIHLO wasezulwini ape abo bacelayo kuye
umoya oyingcwele?

14 Kekaloku waekupa idemoni, yaiside-
nge ke yona. Kwabekute, nxa idemoni
ibipumile, sateta isidenge: zaza zati nqa
izihlwele. 15 Kodwa innxenye kubo
bati: Uyazikupa idemoni ngaye u-Beleze-
bule inkosi yedemoni. 16 Nabanye, bem-
linga, bebefuna umqondiso kuye uvela
ezulwini. 17 Kuloko yena wazazi inku-
mbulo zabo, wati kubo: Bonke ubuku-
mkani obupambeneyo ngokwabo buyacita-
kaliswa; nendhlu *epamb*eneyo nendhlu
iyawa. 18 Kanjalo no-Satane ukuba upa-
mbene ngokwake, boti nina ubukumkani
bake ukuma? ngokuba nisiti ndiyazi-
kupa idemoni ngo-Belezebule. 19 Kodwa
ukuba ndiyazikupa idemoni ngo-Beleze-



University of Fort Hare

bule mina, bayazikupa ngobanina onyana
benu? ngako oko bona boba ngabagwebi
benu. 20 Kodwa ukuba ndiyazikupa ide-
moni ngomnwe KATIXO, kukona sebunifikele
ubukumkani BUKATIXO.

21 Xeshekweni onamandhla exòbile ayi-
gcina indhlu yake, impahla zake zikupu-
mleni: 22 kodwa emvenikweni onama-
ndhla makulu kwawake amzumileyo wam-
oyisa, uyasusa konke ukuxòba kwake abe-
tembele kuko, awabe amaxoba ake. 23
Ongengecala lami, uyalana nami; nonga-
butani nami, uyacita.

24 Xeshekweni umoya oncolileyo apu-
mile emntwini, uyacanda ezindaweni ezi-
ngenamanzi, efuna ukupumla; kanti enga-
kufumani nje, uti: Ndiya kubuyela en-
dhlwini yami, apo ndapuma kona: 25 ati
akufika ayifumane itshayelwe, ihonjiwe.
26 Andule ukuya atabate naye abanye
omoya abasixenxe, abakohlakeleyo ngaku-
mbi kuye, abati bangene bahlale kona:
kuze kuti okwokupela kwalomntu kube
kubi kokwokuqala.

27 Kwaye kute ekuziteteni kwake ezi-
zinto, umfazi otile wasesihlweleni wapaka-
misa ilizwi wati kuye: Sinetamsanqa isi-
zalo esakutwalayo, namabele owawanyayo.
28 Kodwa yena wati: Hai gxebe, baneta-
msanqa abo balivayo ilizwi LIKATIXO, bali-
bambe.

29 Kekaloku nxa izihlwele zibe zibu-
tana ndawonye ngemikumdelikane, waqala
ukuti: Esisizukulwana sesikohlakeleyo;
siyafuna umqondiso, kanti asiyi kunikwa
'mqondiso, kupela umqondiso ka-Jona um-
profite. 30 Ngokuba, njengokuba u-Jona
ebengumqondiso kuma-Nineve, kwa njalo
nonyana wesintu woba *ngumqondiso* kwesi-
sizukulwana. 31 Ukumkanikazi wasesu-
yide uya kuvuka eme emgwetyweni kunye
nabantu besisizukulwana, abagwebe: ngo-
kuba wavela ezipelweni zomhlaba ukuza
kuva ubulumko buka-Solomone; kanti na-
nku omkulu ku-Solomone apa. 32 Abantu
base-Nineve baya kusuka beme emgwe-
tyweni kunye nesisizukulwana, basigwe-
be: ngokuba baguqukayo ngokushumayela
kuka-Jona; kanti nanku omkulu ku-Jona
apa.

33 Akuko 'mntu oti, akubaneka isibane,
asibeke endaweni efihlakeleyo, napantsi
kwento yokulinganisa, koko *asibeka* pezu
kwekandelare, ukuze abangenayo babone
ukukanya *kwaso*. 34 Isibane somzimba
sililiso: ngako xeshekweni iliso lako
lingenanto, wonke umzimba wako uba
nokukanya nawo; kodwa emvenikweni
lenzakeleyo, nomzimba wako umnyama.
35 Lumka ke kungabi ukukanya okupa-
kati kwako kububumnyama. 36 Ukuba
ngoko wonke umzimba wako unokukanya,
ungenannye indawo imnyama, uya kuba
nokukanya wonke, njengokuya isibane
sikukanyiselayo ngenkazimlo *yaso*.

37 Kekaloku nxa atetileyo, umfarisi
otile wamtandaza ukuba adhlele kuye
isidhlo sasemmini; wangena ke, wahlala
pantsi. 38 Wati umfarisi akubona wati
nqa ukuba ebengatanga kuqala wahlamba
engekat*yi* isidhlo sasemmini. 39 Koko
yati INKOSI kuye: Kaloku nina 'bafarisi
okupandhle kwendebe nesikotile niya ku-
hlambulula; kodwa okupakati kwenu ku-
zele bubupanga nenkohlakalo. 40 Zide-
nge! lowo wakwenzayo okupandhle, aka-
kwenza na nokupakati? 41 Kodwa izinto
zapakati zipeni amalizo ngazo; kukona,
bona ke, zonke izinto zihlambulukile kuni.
42 Koko kuya kuba nzima kuni 'bafarisi!
ukuba ninika izishumi zetyeleba, neze-
ruwe, nezemifuno yonke, kanti niyagqita
ubugwebo, notando LUKATIXO: bekufanele
ezi ukuba zenzwe, neziya ukuba zingaye-
kwa. 43 Kwoba nzima kuni 'bafarisi!
ukuba nitanda isihlalo sapambili ezin-
dhlwini zenklanganiso, nemibuliso ezinda-
weni zentengo. 44 Kwoba nzima kuni,
babàli nabafarisi, zihanahanisi! ukuba ni-
njengamancwaba angabonakaliyo, bati aba-
ntu abahambayo pezu *kwawo* bangawazi.

45 Kwaza kwapendula omnye wakuba-
qondisimteto wati kuye: Mfundisi! usi-
tsho nje uyasituka nati. 46 Koko wati:
Kwoba nzima nakuni 'baqondisimteto!
ukuba nitwesa abantu ngemitwalo esinda-
yo, kanti nina ngokwenu anicukumisi imi-
twalo leyo nangomnye weminwe yenu.
47 Kwoba nzima kuni! ukuba nibuya
nake amancwaba abaprofite, bati ke oyihlo
benu bababulala. 48 Kukona ninqìnela
nivumela nokuvumela izenzo zoyihlo be-
nu; ngokuba bona okunene bababulala,
niti ke nina nibuye nake amancwaba abo.
49 Ngako oko butshilo nobulumko BUKA-
TIXO ukuti: Ndiya kubatumela abaprofite
nabapostile, babeya kuti *innxennye* kubo
bababulale, babatshutshise; 50 ukuze li-
bizwe kwesisizukulwana igazi labo bonke
abaprofite elipalazwayo *kutabata* ekumi-



University of Fort Hare

sweni kwelizwe, 51 kwa segazini lika-
Abele kude kube segazini lika-Zekariya,
owabubela pakati kwesibingelo nendawo
eyingcwele: ewe nditi kuni, liya kubizwa
kwesisizukulwana. 52 Kwoba nzima kuni
'baqondisimteto; ukuba nisusile isilotile
sokwazi; anangena nina, nabo babengena
nabalela.
53 Kekaloku nxa ebeteta eziziuto kubo,
ababàli nabafarisi baqala ukuba nenzondo
kakulu, nokumfundekela ngemibuzo ngento
ezinninzi, 54 bemlalela, befuna ukubamba
into ipuma emlonyeni wake, ukuze bam-
nike ityala.

12 PAKATI kwezozinto, nxa abebute-
lene ndawonye amawakawaka abantu,
bada banyatelana, waqala ukuti kubadisi-
pile bake tanci: Lumkelani igwele laba-
farisi, elibuhanahaniso. 2 Akuko 'nto ese-
lelweyo, engayi kutyilwa; nefihlakeleyo,
engayi kwaziwa. 3 Ngennxa yoku, ko-
nke enikutshiloyo ebumnyameni, kuya
kuviwa emhlotsheni; noko nikutetileyo
endhlebeni ezinkambilini, kuya kushunya-
yelwa pezu kwentungo *zezindhlu*. 4 Nditi
ke kuni 'zihlobo zami: Ningaboyiki abo
babulala umzimba, kanti emveni kwoko
abananto enkulu ngakumbi abangayenzayo.
5 Kodwa ndonibonisa ukuba niya kwoyika
'banina: yoyikani lowo unegunya lokuba
ati emveni kwokubulala apose esihogweni
*somlilo*; ewe, nditi kuni, yoyikani yena lo.
6 Akutengiswa amahobohobo mahlanu
ngedobulitye 'mbini na? noko akuko nali-
nye kuwo lilityelwe ebusweni BUKATIXO.
7 Koko kwa innwele zenkloko zenu ziba-
liwe zonke. Ize ningoyiki ke; nigqitisele
amahobohobo amaninzi. 8 Nditi kuni ka-
njako: Osukuba endivuma mina pambi
kwabantu, naye unyana wesintu uya kum-
vuma yena pambi kwengelosi ZIKATIXO:
9 kodwa ondikanyeleyo ebusweni baba-
ntu, uya kukanyelwa ebusweni bengelosi
ZIKATIXO. 10 Nosukuba eya kuteta ilizwi
ngakuye unyana wesintu, uya kuxolelwa;
kodwa ogxekayo umoya oyingcwele, akayi
kuxolelwa. 11 Naxeshekweni banizisayo
ezindhlwini zenklanganiso, *napambi* kwa-
banobukosi nabanegunya, ningabi nasifu-
kutezi sokuba niya kuzipendulela ngoku-
njanina umhlaumbi *nopendula* 'nto nina,
umhlaumbi sokuba niya kuteta 'nto nina:
12 ngokuba umoya oyingcwele eya kuni-
fundisa kwelona ixeshana, izinto enifanele
ukuziteta.
13 Waza omnye wasesihlweleni wati
kuye: Mfundisi! Teta kumkuluwe wami
ukuba abelane nami ilifa. 14 Kodwa wati
kuye: Mntundini! ngubanina owandimisa
umgwebi nomabi pezu kwenu? 15 Waye-
siti kubo: Lumkani nilumkele ububawa;
ngokuba ebuninzini bomntu ubomi bako
bungemi ngento anazo.
16 Waza wateta umzekeliso kubo, esiti:
Umhlaba wesityebi esitile wacuma kakulu:
17 saza sacamanga pakati kwake, sisiti:
Ndiya kwenza 'nto nina, ndingenandawo
nje apo ndiya kuzihlanganisela kona izi-
qamo zami? 18 Saye sisiti: Lento ndiya
kuyenza: ndiya kucita innyango zami,
ndake ezinkulu kuzo, ndize ndizihlangani-
sele kona yonke izilimo zami nempahla
zami; 19 ndandiya kuti kumpefumlo wa-
mi: Mpefumlo! unempahla ezinninzi zibe-
kelwa iminyaka emininzi; yiti upumle,
udhle, usele, ugcobe. 20 Kodwa UTIXO
wati kuye: Sidenge! kwa ngobubusuku
kuyabizwa umpefumlo wako kuwe; ezonto
uziqwebileyo kanti, zoba zezikabanina?
21 Unjalo lowo uzibekelayo indyebo, enge-
nabutyebi NGAKUTIXO.
22 Waza wati kubadisipile bako: Ngako
oku nditi kuni: Musani ukutukutezelela
ubomi benu, ukuba notya 'nto nina; ninga-
*tukutezel*eli nomzimba *wenu*, ukuba niya
kwambata 'nto nina: 23 ubomi bukulu
kuko ukutya, nomzimba *umkulu* kuzo izi-
vato. 24 Gqalani onomyai, okokuba aba-
hlwayeli, abavuni nokuvuna, ekungeko
kubo iqonga nasisele, kanti UTIXO uyabo-
ndhla *noko*: kekaloku nina nizigqitisele
intaka kakulu kangakananina? 25 Ngu-
wupina ke kuni ongati ngokutukutezela
ongezelele ebudeni bake ikubite ibe
'nnye? 26 Ukuba ngoko nikohlwa ku-
kwenza into encinane kuzo zonke, yinina
ukuba ninesitukutezi ngezinnye? 27
Gqalani innyibiba, ukuba ziti nina uku-
hluma; azisebenzi, azisonti kanjako: kanti
nditi kuni, kwa u-Solomone kubo bonke
ubungcwalisa bake akavatiswanga nje-
ngennye yezi. 28 Ukuba ke innca, eti
namhla ibeko ezindhle, iti ngomso iposwe
eziko, UTIXO uyenje njalo ukuyivatisa,
kwoba kangakananina ngakumbi *aya kura-
tisa* nina, nina 'balukolo lunciname? 29
Nize ningafuni nina ukuba notya 'nto
nina, umhlaumbi ukuba nosela 'nto nina;



University of Fort Hare

niti kanjalo ningabi namatindala: 30 ngo-
kuba zonke ezizinto inklanga zelizwe zizi-
funa; kanjako UYIHLO uyazi ukuba nizi-
swele ezizinto. 31 Kodwa funani ubuku-
mkani BUKATIXO, zaziya kuti zonke ezizinto
zongezelelwe kuni.

32 Ungoyiki, mhlambi omncinane! ngo-
kuba UYIHLO etanda ukupa nina ubuku-
mkani. 33 Tengisani ngento eninazo,
nipe amalizo: zenzeleni izidhla ezingabi
zindala, indyebo engenakupela ezulwini,
apo isela lingasondeli nenundu lingadhli
kona: 34 ngokuba apo ikona indyebo
yenu, yoba kwa kona nenkliziyo yenu.
35 Mazibe izinqe zenu zibinqiwe, nezibane
*zenu* zivuta: 36 nani *yibani* nifana nabantu
belinda inkosi yabo, mhlenikweni aya ku-
nduluka emtshatweni, baze bati, yakufika
yaqongqota, bayivulele kamsinya. 37 Zi-
netamsanqa izicaka ezo, iya kuti inkosi
*yazo*, yakufika, izifumane zilinda. Ngo-
kwennene nditi kuni: Iya kuzibinqa, izi-
hlalise pantsi, isondele izikonze. 38 No-
kuba iti ifike ngevarasho lesibini, umhla-
umbi ifike ngevarasho lesitatu, izifumane
zinjalo, zinetamsanqa izicaka ezo. 39 Ko-
dwa qondani oku, ukuba umnininidhlu
ebesazi yiyipina iyure isela liza ngayo,
ange elinda, angavumeli ukuba igqotyozwe
indhlu yake. 40 Nani ngoko yibani nilu-
ngile; ngokuba ngeyure eningayikumbu-
leliyo unyana wesintu esiza.

41 Waza u-Petrosi wati kuye: Nkosi!
uwuteta lomzekeliso kuti tina, *uwuteta*
kubo bonke, kusinina? 42 Yayisiti INKOSI:
Ngubanina ke elogosa linyanisekileyo ne-
lilumkileyo, eyati inkosi *yalo* yalimisela
pezu kwabendhlu yayo, ukuba libanike
ngexesha elifanelekileyo isabelwa soku-
dhla? 43 Sinetamsanqa isicaka eso, iya
kuti inkosi yaso, yakufika, isifumane sise-
nje njalo. 44 Ngennyaniso nditi kuni:
Iya kusimisela pezu kwayo yonke impahla
yayo. 45 Kodwa xeshekweni isicaka eso
siti enkliziyweni yaso: Inkosi yami iyali-
bala ukuza; size siqale ukubeta izicaka
nezicakakazi, nokutya, nokusela, nokunxi-
la; 46 yofika inkosi yesicaka eso ngemmini
esingayikangeliyo ngayo, nangeyure esi-
ngayaziyo, isisike kubini, imise isabiwo saso
ndawonye nabangakolwayo. 47 Nesosicaka
esibe siyazi intando yenkosi yaso, kanti
asalungiselela, asenza nokwenza ngenta-
ndo yayo, siya kubetwa *ngemivimbo* emini-
nzi: 48 koko eso sibe singazi, kodwa senza
izinto ezifanele imivimbo, siya kubetwa
ngemincinane. Kanjalo osukuba epiwe
okukulu, okukulu kwobizwa kuye; nalowo
unikelweyo okukulu, kwocelwa kuye oku-
kulu ngakumbi.

49 Ndeza kutuma umlilo emhlabeni;
ngendifuna 'nto nina ke, ukuba ubuse uvu-
tile? 50 Kodwa kuko ubapitizesho endifa-
nele ukubapitizeshwa ngalo; ndibandezelwa
kakulu kangakananina ke lude lufezwe!
51 Niba ndavela ukunika uxolo emhla-
beni na? Nditi kuni: Nakanye; kuya
kubako ukupambana. 52 Ngokuba em-
veni kwakaloku nje kuya kubako abahlanu
endhlwini 'nnye bepambene, abatatu naba-
bini, nababini nabatatu. 53 Uyise uya ku-
pambana nonyana, nonyana noyise; unina
nentombi, nentombi nonina; unondoda no-
molokazana, nomolokazana nonondoda.

54 Wabesiti nakwizihlwele: Xeshekweni
nibona ilifu *elitile* linyuka entshonalanga,
senisiti: Isipango siyeza; kuhle njalo ke.
55 Naxeshekweni *niva* ummoya wasesu-
yide uvutela, niti: Kwobako ubushushu;
kuhle ke. 56 Zihanahanisindini! ukubo-
nakala kwomhlaba nokwezulu niyazi uku-
kunakana; kodwa ixesha eli kunganina
ukuba ningalinakani? 57 Ewe kanjalo
yinina ukuba ningagwebi ngokwenu oko
kulungileyo? 58 Ngokuba xeshekweni
uya nalowo ukumangeleleyo pambi kwen-
kosi, yiti endhleleni uzamele ukukululwa
kuye; hleze akurolele emgwebini, ati um-
gwebi akunikele kumsila, aze umsila aku-
pose entolongweni. 59 Nditi kuwe: Aku-
sayi kuza upume kona, ude uhlaule nema-
lanyana yokugqibela.

13 KWAYE kufika abatile kwa ngeloxe-
sha abamtyelayo ngawo ama-Galili,
abete u-Pilati walipitikeza igazi lawo nda-
wonye namadini awo. 2 Waza wapendula
u-Yesu wati kubo: Niba lama-Galili ebe-
ngaboni ngapezu kwawo onke ama-Galili
na, ngokuba evile izinto ezinjalo? 3 Nditi
kuni: Nakanye; koko xeshekweni ninga-
guqukiyo, niya kububa nonke ngokunjalo.
4 Nabo 'balishumi linesibozo, abebewelwe
yinnqaba e-Siloha babulawa yiyo, niba
aba bebezizoni ngapezu kwabo bonke aba-
ntu ababemi e-Yerusaleme na? 5 Nditi
kuni: Nakanye; koko xeshekweni ninga-
guqukiyo, niya kububa nonke ngokunjalo.

6 Wayeteta lomzekeliso: *Umntu* otile ebe-
nomkiwane utyelwe esitiyeni sake; waza



University of Fort Hare

weza efuna iziqamo kuwo, akazifumana ke.
7 Wayesiti kumlimi wesitiya: Bona ke,
yiminyaka mitatu endiza ndifuna iziqamo
kumkiwane lo, ndingazifumani ke; wugau-
le; yinina ukuba uwonakalise nomhlaba?
8 Koko wapendula yena wati kuye: Nkosi!
wuyeke nalonyaka, ndide ndibe ndihlakule
ngakuwo, ndagalela nomgquba; 9 nokuba
uyahlanza iziqamo ke—; kodwa ukuba
awenje njalo, woti kamva uwugaule.

10 Kekaloku ebefundisa kwennye ye-
zindhlu zenklanganiso ngemmini yesa-
bata: 11 kwaye kuko, bona ke, umfazi
obenomoya wobulwelwe iminyaka yali-
shumi linesibozo, owabegobile, wakohlwa
kanye ukuzipakamisa. 12 Wati u-Yesu
akumbona, wambiza, wati kuye: Mfazi!
ukululwe ebulwelweni bako. 13 Waza
wabeka izandhla pezu kwake; waselelu-
ngiswa kwa oko, wamdumisa UTIXO.

14 Waza wapendula umpati wendhlu
yenklanganiso, equmbile kakulu ukuba
u-Yesu ebepilisile ngesabata, wati kwisi-
hlwele: Kuko imihla emitandatu kufanele
ukusebenza ngayo; yizani ngoko ngayo le
nipiliswe, kungabi ngomhla wesabata.
15 Yandula INKOSI yampendula, yati: Si-
hanahanisindini! akati na omnye ngom-
nye wakuni ngesabata akulule inkabi yake
umhlaumbi iqwarashe *lake* esitaleni, arole
aye kuseza? 16 Lo kanti, eyintombi ka-
Abrahame nje, obebanjiwe ngu-Satane,
bona ke, iminyaka ilishumi linesibozo,
bekungafanele na ukuba akululwe kulo-
mbambo ngomhla wesabata? 17 Keka-
loku akutsho, bebedaniswa bonke abalane
bake; saye sonke isihlwele sivuya pezu
kwazo zonke izinto ezibungcwalisa ezibe
zisenzwa nguye.

18 Wayesiti: Ubukumkani BUKATIXO
bufana nanto nina? kanjalo ndobufanisa
nanto nina? 19 Bufana nokozo lwembewu
yemositade, owalutabatayo umntu, walu-
posa esitiyeni sake; lwamila ke, lwaba
ngumti omkulu, zaza intaka zezulu zahlala
emasebeni awo.

20 Wayesiti kanjako: Ndobufanisa
nanto nina ubukumkani BUKATIXO? 21 Bu-
fana negwele, owalitabatayo umfazi, wali-
fihlela ezilinganisweni zitatu zomgubo,
wada wabiliswa wonke.

22 WAZA wacanda kwizixeko ngezixe-
ko nakwimizi ngemizi efundisa, eseuza
ihambo *yake* ngase-Yerusaleme.
23 Wayesiti omnye kuye: Nkosi! banci-
nane abasindiswayo kusinina? Wayesiti ye-
na kubo: 24 Zamelani ukungena ngesango
elixineneyo; ngokuba ndisiti kuni, abani-
nzi baya kufuna ukungena, bakohlwe ke.
25 Emvenikweni asel' esukile umninin-
dhlu, wavala ucango, naza naqala ukuma
ngapandhle nokuqongqota elucangweni,
nisiti: Nkosi, Nkosi, sivulele! waeya kuba
ependule wati kuni: Andinazi apo nivela
kona: 26 niya kwandula niqala ukuti:
Sadhla sasela ebusweni bako, nawe wafu-
ndisa ezitarateni zetu. 27 Waeya kuti:
Nditi kuni, andinazi apo nivela kona;
mkani kumi, nonke nina 'benzi benkohla-
kalo! 28 Apo kwobako ukulila nokuqa-
qazela kwamazinyo, okuya niya kubona
u-Abrahame, no-Yisake, no-Yakobi, nabo
bonke abaprofite, ebukumkanini BUKATIXO,
nina kodwa nilahlelwa pandhle. 29 Ba-
beya kuza bevela empumalanga nasentsho-
nalanga, nasenode nasesuyide, bahlale
pantsi ebukumkanini BUKATIXO. 30 Ka-
njalo bona ke, bako abokugqibela abaya
kuba ngabokuqala; bako nabokuqala abaya
kuba ngabokugqibela.

31 Ngayo yona immini kweza abafarisi
abatile, besiti kuye: Puma umke apa;
ngokuba u-Herodi efuna ukukubulala.
32 Waza wati kubo: Hambani niye nitsho
kwimpungutye leyo ukuti: Bona ke, ndi-
yazikupa idemoni, ndizenze nempiliso,
namhla nangomso, nditi ngo*mhla* wesitatu
ndifezeke. 33 Kodwa ndifanele ukuti
namhla, nangomso, nangomso 'mnye, ndi-
hambe; ngokuba kungebe njalo ukuba
umprofite abubele ngapandhle kwe-Yeru-
saleme. 34 Yerusaleme, Yerusaleme, eba-
bulalayo abaprofite, ebagibisela ngamatye
abo batunyiweyo kuyo! kufuti kangakana-
nina ebendifuna ukulubutela ndawonyo
usapo lwako, njengokuba inkukukazi *iwa-
butela ndawonye* amatole ayo ngapantsi
kwamapiko, anavuma ke! 35 Bona ke,
niyashiyelwa indhlu yenu icitakele. Ka-
njalo ngokwennene nditi kuni: Anisayi
kundibona, kude kufike ixesha eniya kuti:
Makatanyusanqeliswe ozayo egameni LI-
KAYEHOVA.

14 KWAYE kute akuba engene en-
dhlwini yomnye wabapati bakubafa-
risi ngesabata ukutya isonka, bati bona
bamgqala. 2 Kekaloku bona ke, bekuko
umntu otile enesifo samanzi pambi kwake.



University of Fort Hare

3 Waza wapendula u-Yesu watsho kuba-
qondisimteto nabafarisi, esiti : Kufanele-
kile ngesabata ukupilisa kusinina? 4 Kodwa
bati ewaka. Waza wambamba, wampilisa,
wamndulula; 5 wapendula kubo, wati:
Kuya kweyela emnxunyeni iqwarashe um-
hlaumbi inkabi yawupina wakuni, ongayi
kuti ahle ayinyuse ngomhla wesabata?
6 Baza bakohlwa kukupind' ukumpendula
ngezindawo.

7 Wayeteta kwabamenyiweyo umzeke-
liso, akunakana okokuba bebenyula izi-
hlalo zobukulu, esiti kubo: 8 Xeshekwe-
ni umenyelwayo emtshatweni ngumntu,
ungahlali pantsi esihlalweni sobukulu;
hleze obekekileyo kuwe abe emenyiwe
nguye; 9 aze ati lowo wamemayo wena
naye eze ati kuwe: Nika lo indawo; uze
wandule uqale ngenkloni ukubamba inda-
wo yasezantsi. 10 Koko xeshekweni ume-
nywayo, yiya uhlale pantsi endaweni
yasezantsi, ukuze ke, akuza okumemileyo,
abe nokuti kuwe: Sihlobo! nyukela nga-
senkla; uya kwandula ukuba nembeko
ebusweni babo bonke abahleli ekutyeni
ndawonye nawe. 11 Ngokuba osukuba
ezipakamisa, uya kutotywa; nalowo uzi-
tobayo, uya kupakanyiswa.

12 Wayeteta nakulowo ubemmemile,
*esiti:* Xeshekweni usenza isidhlo sasem-
mini, umhlaumbi isidhlo sokuhlwa, unga-
bizi izihlobo zako, nabazalwana bako, ne-
zalamane zako, nabamelwane abazityebi;
hleze nabo babuye bameme wena, uze
wenzelwe umvuzo. 13 Koko xeshekweni
usenzayo isidhlo, mema amahlwempu, izi-
lima, iziqwala, imfama; 14 wauya kuba
netamsanqa ke; kuba bona bengenako
ukukuvuza: ngokuba uya kuvuzwa eluvu-
kweni lwabalungileyo.

15 Kekaloku akuti omnye wabahleli
ekutyeni ndawonye *naye* weva ezizinto,
wati kuye: Unetamsanqa lowo udhlayo
isonka ebukumkanini BUKATIXO! 16 Koko
yena wati kuye: Umntu otile wenza isi-
dhlo sokuhlwa esikulu, wamema abaninzi.
17 Waza watuma isicaka sake ngexeshana
lesidhlo sokuhlwa ukuya kuti kwabame-
nyiweyo: Yizani; ngokuba kuse kulungi-
siwe konke. 18 Baza baqala bonke ngen-
kliziyo 'nnye ukuzilandulela. Owokuqala
wati kuso: Nditengile intsimi, ndifanelwe
kukuti ke ndipume ndiyibone; ndiyakuta-
ndaza, mandilandulelwe. 19 Wati nom-
nye: Nditengile izibini ezihlanu zenkabi,
ndiyahamba ukuya kuzilinga ke; ndiya-
kutandaza, mandilandulelwe. 20 Wati
nomnye: Ndizekile umfazi, andingeze ko
ngennxa yoku. 21 Saza safika isicaka eso
sashumayeza inkosi yaso ezizinto. Wa-
ndula umninindhlu equmbile nje wati
kwisicaka sake: Puma 'msinya uye ezita-
rateni nasezindhleleni zesixeko, uugenise
apa amahlwempu, nezilima, neziqwala,
nemfama. 22 Saza sati isicaka: Nkosi!
kwenziwe njengoko uyalele ngako; kanti
kuseko indawo. 23 Yaza yati inkosi kwi-
sicaka: Puma uye emindweni nasezinta-
ngweni, *ubanyanzele* bangene, ize izaliswe
indhlu yami. 24 Ngokuba ndisiti kuni:
Akuko namnye wabobantu bamenyiweyo
oya kutya kwisidhlo sokuhlwa sami.

25 Kekaloku izihlwele ezininzi zibe zim-
peleka: waza wajika wati kuzo: 26 Ukuba
umntu uyeza kumi, engatiyi uyise, nonina,
nomfazi, nabantwana, nabazalwana, noda-
de, ewe nobake ubomi kanjako, akangebe
nguye umdisipile wami. 27 Nosukuba
engatwali ikuruse yake, eze emva kwami,
akangebe nguye umdisipile wami.

28 Ngokuba nguwupina kuni, efuna
ukwaka innqaba, ongati tanci ahlale pa-
ntsi, abale inani, ukuba unako na *okwanele*
ukuyigqiba? 29 hleze kekuti, akuba e-
bekile umsekelo wayo, ekohlwa kukufeza
nje, bonke ababonelayo baqale ukumhleka,
30 besiti: Lomntu waqala ukwaka, wako-
hlwa kukufeza ke.

31 Kanjalo nguwupina ukumkani, esi-
ya kungena ekulweni nomnye ukumka-
ni, ongahlali pantsi tanci, afune icebo
lokuba unamandhla na okuti enamawaka
alishumi ahlangane nalowo uzayo ngakuye
enamawaka angamashumi mabini? 32
Ukuba akangenje njalo, uti, nxa asekude
yena, atume izitunywa acele indawo ezi-
yelela uxolo. 33 Kwa njalo ke owakuni
osukuba engancami konke anako, aka-
ngebe nguye umdisipile wami.

34 Ityuwa yinto elungileyo: kodwa
xeshekweni ityuwa ingabi nasongo, iya
kuvakaliswa nganina? 35 ayilungele nom-
hlaba nemfumba yomgquba; iyalahlelwa
pandhle yona. Onendhlebo zokuva, ma-
keve.

15 KWAYE kusondela kuye bonke aba-
buti beminikelo naboni, ukuza kumva.
2 Baza bakalaza abafarisi nababàli, besiti:
Lo uyamkela aboni, adhlelane nabo.



University of Fort Hare

3 Wayeteta kubo lomzekeliso, esiti: 4
Nguwupina umntu kuni enekulu legusha,
ongati yakumlahleka enye kuzo, azishiye
ezimashumi alitoba enesitoba enklango,
aputume leyo ilahlekileyo, ade ayifumane
yona? 5 Kekaloku akuyifumana, uyayi-
beka emagxalabeni ake evuya; 6 ati aku-
fika ekaya, ababizele ndawonye abahlobo
*bake* nabamelwane *bake*, esiti kubo: Vu-
yani nami, kuba ndifumene igusha yami
ebilahlekile. 7 Nditi kuni, kwa njalo
kuya kubako uvuyo ezulwini ngennxa
yomoni emnye oguqukayo, ngapezu kwo-
lungennxa yamalunga emashumi alitoba
anesitoba angafanele ukuguquka.
8 Kanjalo nguwupina umfazi enama-
qosha esilivere alishumi, ongati ukuba
liyamlahleka libe linye, abaneke isibane,
atshayele indhlu, afune ngokukutala, ade
alifumane? 9 Kekaloku akulifumana,
uyababizela ndawonye kuye abahlobokazi
*bake* nabamelwanekazi *bake*, esiti: Vuyani
nami, kuba ndifumene iqosha lesilivere
elandilahlekayo. 10 Kwa njalo, nditi
kuni, kuko uvuyo ebusweni bengelosi
ZIKATIXO ngennxa yomoni emnye oguqu-
kayo.
11 Wayesiti: Umntu otile ebenonyana
ababini. 12 Waza omncinane wakubo
wati kuyise: Bawo! ndinike isabiwo sem-
pahla esiza kumi. Waza wababela im-
fuyo *yake*. 13 Kekaloku emveni kwen-
tsuku ezingenninzi unyana omncinane
wahlanganisa konke, waranukela elizweni
elikude, wati kona wacitakalisa impahla
yake, ehlala ngobubedengu. 14 Kwati
akuba ebecitile konke, kwabako indhlala
enkulu kwelozwe, waqala naye ukuba no-
kuswela. 15 Waza waya wazibandaka-
nyela komnye wabemi belozwe, owam-
tuma emhlabeni wake ukuya kwalusa
ihangu. 16 Waza wanqwenela ukuzalisa
isisu sake ngemifuno ebidhliwa zihangu;
kwaye kungeko 'mntu owampayo.
17 Kekaloku kwakubuya ukuqonda
kwake, wati: Baninzi kangakananina aba-
qeshwa bakabawo abanokutya okungapezu
kwokubaneleyo, kanti mina ndiyabuba
'kulamba! 18 Ndiya kusuka ndiye ku-
bawo, nditi kuye: Bawo! ndonile ngakulo
izulu, nasebusweni bako; 19 andisafanele
ukubizwa ngokuba ngunyana wako; nde-
nze ndibe njengomnye wabaqeshwa bako.
20 Waza wesuka waya kuyise wake. Ke-
kaloku nxa ebesekude kakulu, wati uyise
wambona, wabetwa lusizi, wagidima, wawa
entanyeni yake, wamanga. 21 Wati ke
unyana kuye: Bawo! ndonile ngakulo
izulu, nasebusweni bako; andisafanele
ukubizwa ngokuba ngunyana wako. 22
Kodwa uyise wati ezicakeni zake: Pumi-
sani ingubo ende enqabileyo, nimamba-
tise; nifake umsesane esandhleni sake,
nezihlangu ezinnyaweni *zake*; 23 niti
kanjalo nizise itole elityetyisiweyo nili-
xèle, sidhle sigcobe ke: 24 ngokuba lo
unyana wami ebefile, kanti ubuye wapila;
ebelahlekile nje, kanti ufunyenwe. Baza
baqala ukugcoba.
25 Kekaloku unyana wake omkulu ebe-
sentsimini: wati xeshekweni ebesiza wa-
sondela endhlwini, weva ukugwala noku-
duda. 26 Waza wabiza esinye sezicaka,
wabuza ukuba zingati nina ezizinto. 27
Sati ke sona kuye: Umninawe wako ufi-
kile; kanjalo uyihlo uxèlile itole elitye-
tyisiweyo, kuba emamkele epilile. 28
Waqumba ke, ebengavumi nokungena.
Wati ngoko uyise wapuma wambongoza.
29 Koko wapendula wati kuyise: Bona ke,
ndikukonza leminyaka mininzi kangaka,
ndingazanga ndigqite umyalelo wako nje,
akupanga mina noko ibokwana napakade,
ukuze ndigcobe nezihlobo zami: 30 kodwa
xeshekweni wafikayo unyana wako lo, obe-
dhlile imfuyo yako ndawonye nabapinyi-
swa, wamxèlela yena itole elityetyisiweyo.
31 Koko wati kuye: Nyana! wena uba
nami futi, nako konke okukokwami kuko-
kwako. 32 Kwabekufanele ukuba kuvu-
ywe kugcotywe: ngokuba umninawe wako
lo ebefile, kanti ubuye wapila; ebelahle-
kile nje, kanti ufunyenwe.

16 WAYESITI kanjalo kubadisipile ba-
ke: Bekuko isityebi esitile, esibe si-
negosa; kwaye kumangalwa kuso ngalo
eli ukuba liyacitakalisa impahla yaso. 2
Saza salibiza sati kulo: Yinina lento ndi-
yiva ngawe? yenza ingxelo yobugosa
bako; ngokuba ungebe selilo igosa. 3
Laza lati pakati kwalo igosa elo: Ndiya
kwenza 'nto nina, inkosi yami ibususa ubu-
gosa kumi nje? ukumba andingekwenze;
ukunqiba ndikudanele. 4 Sendikwazi oko
ndiya kukwenza, ukuze kuti, ndakushe-
nxiswa ebugoseni, bandamkele ezindhlwi-
ni zabo. 5 Laza lababiza abanye ngabanye
abanetyala enkosini yalo, lati kowokuqala:
Unetyala elingakanani enkosini yami?



University of Fort Hare

6 Wayesiti yena: Lelekulu lebate zeoli.
Laza lati kuye: Tabata isibàlelo sako,
uhlale pantsi 'msinya, ubàle amashumi
amahlanu. 7 Landula lati komnye: Nawe
unetyala elingakananina? Wayesiti ye-
na: Lelekulu lekore zennqolowa. Laza
lati kuye: Tabata isibàlelo sako, ubàle
amashumi asibozo. 8 Yaza inkosi *yalo*
yabonga igosa elingalungileyo, ngokuba
libe lenzile ngokulumka: ngokuba usapo
lwelilizwe likoyo lugqitisile usapo lwo-
kukanya ngokulumka kokwesalo isizuku-
lwana.

9 Nami nditi kuni: Zenzeleni abahlobo
ngobutyebi obungalungileyo, ukuze kuti,
nakupela, banamkele ezinklalweni ezingu-
napakade. 10 Onyanisekile kokuncinane,
unyanisekile nakokukulu; nalowo ungo-
ngalungile kokuncinane, ungongalungile
nakokukulu. 11 Ukuba ngoko nibe ni-
nganyanisekile ebutyebini obungalungi-
leyo, ngubanina oya kubekela kuni oben-
nyaniso? 12 Nokuba nibe ninganyanise-
kile kokwomnye, ngubanina oya kuninika
okukokwenu? 13 Akuko 'sicaka esinga-
konzayo inkosi ezimbini: ngokuba siya
kutiya ennye, sitande ennye; okanye, siya
kubambelela kwennye, sidele ennye. Ani-
ngekonze UTIXO nobutyebi *kunye.*

14 Kekaloku ezizinto zonke zibe ziviwa
nangabafarisi abatanda imali, bamsinekela.
15 Waza wati kubo: Nina ningabazenza
abalungileyo ebusweni babantu; kodwa
UTIXO uyazazi inkliziyo zenu: ngokuba
oko kuyinto enkulu pakati kwabantu, ku-
yintshontsho ebusweni BUKATIXO. 16 Um-
teto nabaprofite *bebeko* kwada kwako u-
Johane: kuseloko ubukumkani BUKATIXO
buyashunyayelwa, bati bonke bazinyanze-
lele kubo. 17 Kulula ukuba kudhlule
izulu nomhlaba, ngapezu kwokuba kutshi-
tshe umgcanyana 'mnye emtetweni. 18
Osukuba elahla umfazi wake, ezeka nom-
nye, uyarexeza; nosukuba ezeka olahli-
weyo yindoda, uyarexeza *naye.*

19 Kodwa bekuko isityebi esitile, esibe
sisambata izivato ezibomvu nezeqiya eshi-
ceneyo, siziyolisa imihla ngemihla ngobu-
mnandi obukulu. 20 Bekuko nehlwempu
elitile, eligama lingu-Lazarusi, ebelilele
ngasesangweni laso, lizele zizilonda, 21
linqwenela ukuhlutiswa ngemvutuluka
eziwayo etafileni yesityebi; kanjako ne-
zinja zibe zisiza zakota izilonda zalo. 22
Kwada kwati ke kwafa ihlwempu, lasiwa
zingelosi esifubeni sika-Abrahame. Safa
ke nesityebi, sanewatywa. 23 Saza sati
ehadesi sapakamisa amehlo aso, siba sebu-
hlungwini, sabona u-Abrahame ekude, no-
Lazarusi esifubeni sake, 24 sabiza ke
sati: Bawo 'Abrahame! yiba netaru kumi,
utume u-Lazarusi, ukuze afake inncame
yomnwe wake emanzini, apolise ulwimi
lwami; ngokuba ndibulawa kwelilangatye.
25 Koko wati u-Abrahame: Nyana! ku-
mbula ukuba wena wamkela izinto zako
ezilungileyo ekudhleni kwako ubomi, no-
Lazarusi kwa njalo izinto zobubi; kodwa
kaloku nje yena uyonwatyiswa, nawe
uyabulawa. 26 Kanjako ngapezu kwoku
konke, pakati kwetu nani kumisiwe ituba
elikulu, ukuze ke abo bafuna ukuwela
besuka apa ukuya kuni bakohlwe, naba-
kona bangaweli ukuza kuti. 27 Saza sati:
Ndiyakutandaza ngoko, bawo! ukuba um-
tume endhlwini kabawo; 28 ngokuba
ndinabazalwana abahlanu; ukuze anqine
kubo, ukuba bangezi nabo kulendawo yo-
buhlungu. 29 Wati u-Abrahame kuso:
Bano-Mosesi nabaprofite; mabeve bona.
30 Sati ke sona: Hai, bawo 'Abrahame!
koko xeshekweni ovela kwabafileyo aya
kubo, baya kuguquka. 31 Kodwa wati
kuso: Ukuba abeva u-Mosesi nabaprofite,
abayi kukolwa naxeshekweni umntu avuka
kwabafileyo.

17 WAZA wati kubo abadisipile: Aku-
ngebe njalo ukuba zingezi izixaka-
niso; kodwa kwoba nzima *kulowo* eziza
ngaye! 2 Kulungele yena ukuba ilitye
lapezulu lokusila belibotshwa ngasenta-
nyeni yake, waza weyeliswa elwandhle,
ngapezu kwokuba axakanise omnye waba
'bancinane. 3 Zilumkeleni: ukuba ke
umzalwana wako uyona ngakuwe, mtetise;
nokuba uyaguquka, mxolele: 4 ewe ukuba
uyona ngakuwe kasixenxe ngamnini 'nnye,
ati kasixenxe ngamnini 'nnye abuye eze
kuwe, esiti: Ndiyaguquka; uya kumxolela.

5 Baza abapostile bati KWINKOSI: Yonge-
zelela ukolo lwetu. 6 Yayisiti INKOSI:
Ukuba nibe ninokolo olungangokozo
lwembewu yemositade, ngeniba nisiti
kulomti wesikamine: Yiba udonyulwa,
ube utyalwa pakati kwolwandhle; wabuya
kuba univile ke.

7 Kodwa ngubanina kuni enesicaka si-
lima, umhlaumbi sisalusa, oya kwandula
ukuti kuso, sakungena sivela entsimini:



University of Fort Hare

Sondela, uhlale pantsi? 8 Akayi kuti
ngokukumbi kuso: Lungisa into endiya
kusenza isidhlo sokuhlwa ngayo, uze uzi-
binqe, undikonze, ndide ndigqibe ukutya
nokusela; woti emveni kwoko utye usele
nawe? 9 Uyasibulela na isicaka eso, ngo-
kokuba senza izinto esasimiselwe zona?
Ndiba akayi *kubulela*. 10 Kwa njalo nani,
xeshekweni nizenzile zonke izinto enani-
miselwe zona, yitini: Sizizicaka ezinga-
ncedi luto: sikwenzile oko sibe sifanelwa
kukukwenza.

11 Kwaza kwati, nxa ebehambela e-
Yerusaleme, wacanda pakati kwe-Samariya
ne-Galili. 12 Kekaloku esakungena em-
zini otile, kwamkaulela amadoda alishumi
angamaleperi, ema kude. 13 Aza apaka-
misa ilizwi, esiti: Yesu, Nkosi, yiba
netaru kuti! 14 Waza aku*wa*bona wati
kuwo: Hambani niye nizibonakalise kuba-
perisite. Kwaza kwati, nxa ebesiya, ahla-
njululwa. 15 Yati ke ennye kuwo, yaku-
bona ukuba ipilisiwe, yabuya, imdumisa
UTIXO ngelizwi elikulu, 16 yeza yawa
ngobuso ngasezinnyaweni zake, imbulela:
yaibe yona ingum-Samariya. 17 Wape-
ndula u-Yesu wati: Bebengahlanjululwa-
nga abalishumi na? abalitoba pofu bapina?
18 akufunyanwanga ababuyayo ukuza
kumnika UTIXO udumo, kupela lomntu
wolunye uhlanga. 19 Waza wati kuye:
Pakama, uhambe; ukolo lwako lukupilisile.

20 Kekaloku akubuzwa ngabafarisi, buza
ninina ubukumkani BUKATIXO, wabapendu-
la, wati: Abuzi ubukumkani BUKATIXO
ngokugqalelweyo. 21 Akuyi kutshiwo
nokutiwa: Nabu apa; umhlaumbi: Nabuya
paya; ngokuba, bona ke, ubukumkani
BUKATIXO bupakati kwenu.

22 Waza wati kubadisipile: Iya kufika
imihla, okuya niya kunqwenela ukubona
ube 'mnye wemihla yonyana wesintu, na-
ningayi kuwubona ke. 23 Kwotshiwo
kuni nokutiwa: Nanku apa; umhlaumbi:
Nankuya paya; ize ningemki, ningaputumi
kanjalo. 24 Ngokuba, kwa njengokuba
umbane, obanekayo kwelinye *icala* pantsi
kwezulu, ukanyela kwelinye *icala* pantsi
kwezulu, woba njalo nonyana wesintu
ngomhla wake. 25 Kodwa kuqala ufanele
ukuva inklungu ezinninzi, nokulahlwa
sesisizukulwana. 26 Nanjengokuba beku-
sihla emihleni ka-Nowa, kwoba njalo nase-
mihleni yonyana wesintu: 27 bebesidhla,
bebesela, bebezeka, bebesendiswa, kwada
kwaba ngumhla u-Nowa wangena ngawo
ennqanaweni, kweza nomsingakazi, waba-
tshabalalisa kwa bonke. 28 Kwoba njalo
nanjengokuba bekusihla emihleni ka-Lote:
bebesidhla, bebesela, bebetenga, bebete-
ngisa, bebetyala, bebesaka; 29 kodwa
ngomhla wapuma ngawo u-Lote e-Sodome,
kwana umlilo nesufure zivela ezulwini,
zabatshabalalisa kwa bonke. 30 Kwoba
ngokunje ngomhla aya kuvela unyana we-
sintu. 31 Kulowo umhla, oya kuba pezu
kwentungo *yendhlu*, nempahla zake en-
dhlwini, makangehli ukuya kuzisusa: na-
lowo usentsimini, kwa njalo makangabu-
yeli kokwasemva. 32 Kumbulani umfazi
ka-Lote. 33 Ngokuba lowo usukuba efuna
ukulondoloza ubomi bake, buya kumla-
hleka; nosukuba elahlekana nobomi bake,
wobugcina buhleli. 34 Nditi kuni: Ko-
bobusuku kwobako *amadoda* amabini pezu
kwesihlalo sinye; yotatyatwa ennye, ishi-
ywe ennye. 35 *Abafazi* ababini boba
besila ndawonye; wotatyatwa omnye, ashi-
ywe omnye. 36 *Amadoda* amabini obako
entsimini; yotatyatwa ennye, ishiywe en-
nye. 37 Baza bapendula bati kuye: Pina,
Nkosi? Wayesiti kubo: Apo ukona um-
zimba, kulapo aya kubutelana kona ama-
xalanga.

18 Wabeteta nomzekeliso kubo wokuti
kufanele ukuba kutandazwe futi, ku-
ngadinwa, 2 esiti: Kube kuko umgwebi
otile esixekweni esitile, obengamoyiki
UTIXO, obengamhloneli nomntu. 3 Kube
kuko nomhlolokazi kwesosixeko, owaman'
esiza kuye, esiti: Ndilungise elutshabeni
lwami. 4 Kwaza kwamzuzu engavumi;
kodwa kamva wati pakati kwake: Nakuba
UTIXO ndingamoyiki, nomntu ndingamhlo-
neli, 5 ndiya kuti noko, ngennxa yokuba
endikataza umhlolokazi lo, ndimlungise,
hleze ati ehlala esiza andiqekeze inkloko.
6 Yaza yati INKOSI: Yivani oko kutetwa
ngumgwebi ongalungileyo. 7 NOTIXO
akayi kulungisa abaqashwa bake na, aba-
kalela kuye emmini nasebusuku, nangona
enza kade pezu kwabo? 8 Nditi kuni:
Wobalungisa kamsinya. Kodwa noko,
akuza unyana KATIXO, wolufumana ke na
ukolo emhlabeni?

9 Kanjalo wawuteta nakwabatile abazi-
tembelayo ukuba balungile, badela abanye,
umzekeliso lo: 10 Abantu ababini benyu-
kela etempileni ukuya kutandaza, omnye
engumfarisi, omnye engumbuti wemini-



University of Fort Hare

kelo. 11 Umfarisi wema wenje nje uku-
tandaza ngokwake: TIXO! ndiyakubulela
ukuba ndingenjengabo abanye abantu,
abapangi, abangalungileyo, abarexezi,
ndingenjengaye nalombuti weminikelo.
12 Ndiyazila ukutya kabini ngeveki; ndi-
yanika izishumi zako konke endikuzuzayo.
13 Nombuti weminikelo, emi kude, ebe-
ngavumi nokuba apakamise amehlo nga-
sezulwini; koko ebebeta esifubeni sake,
esiti: TIXO! yiba nofefe kumi endi-
ngumoni. 14 Nditi kuni: Wehla lo waya
endhlwini yake egwetyelwe, ngapezu
kwalowa: ngokuba osukuba ezipakamisa,
uya kutotywa; kanti ozitobayo, uya kupa-
kanyiswa.

15 KEKALOKU bazisa kuye nentsana,
ukuze azicukumise: bati ke abadisipile,
bakubona, babatetisa. 16 Kodwa u-Yesu
wazibiza, wati: Vumelani abantwana uku-
za kumi, ize ningabaleli; ngokuba ubu-
kumkani BUKATIXO bubobabanjalo. 17
Ngokwennene nditi kuni: Osukuba enga-
mkeli ubukumkani BUKATIXO njengom-
ntwana, akasayi kuza angene kubo.
18 Waza umpati otile wambuza, esiti:
Mfundisi olungileyo! ndiya kulidhla ilifa
lobomi obungunapakade ndakuba ndenze
'nto nina? 19 Wayesiti u-Yesu kuye: Yi-
nina ukuba uti ndingolungileyo? akuko
olungileyo, kupela umnye, ONGUTIXO. 20
Imiyalelo uyayazi: Akuyi kurexeza;
akuyi kubulala; akuyi kubà; akuyi ku-
nqìna ubunqìna obubuxoki; beka uyihlo
nonyoko. 21 Wati yena: Ezizinto zonke
ndizibambile kwa sebutsheni bami. 22
Waza u-Yesu akuva oku wati kuye: Innye
into esaswelekileyo kuwe: tengisa ngako
konke osukuba unako, wabele amahlwe-
mpu, wauya kuba nendyebo ezulwini; uze
ke, ulandele mina. 23 Wati ke akuva
oku, waba lusizi kakulu; ngokuba ebetye-
bile kakulu.
24 Waza u-Yesu, akubona ukuba waba
lusizi kakulu, wati: Kungento enqabileyo
kangakananina ukuba abo banobutyebi
baya kungena ebukumkanini BUKATIXO!
25 Ngokuba kulula ukuba inkamela ipu-
mele entunjeni yesinalite, pezu kwokuba
isityebi singene ebukumkanini BUKATIXO.
26 Bati ke abo bevayo: Ngubanina pofu
ongasindiswayo? 27 Koko wati: Izinto ezi-
ngenzekiyo ebantwini, ziyenzeka KUTIXO.
28 Wati ke u-Petrosi: Bona ke, tina
sikushiyile konke, salandela wena. 29
Wayesiti kubo: Ngokwennene nditi kuni:
Akuko 'mntu oshiyileyo indhlu, umhla-
umbi abazali, umhlaumbi abaninawe, um-
hlaumbi umfazi, umhlaumbi abantwana,
ngennxa yobukumkani BUKATIXO, 30 onga-
yi kuti kwelixesha abuye amkele into
enninzi kakulu ngakumbi, nakwelolizwe
lizayo ubomi obungunapakade.
31 Waza watabatela kuye abalishumi
linababini, wati kubo: Bona ke, siyanyu-
kela e-Yerusaleme, zaziya kufezwa zonke
izinto ezimbàlelweyo unyana wesintu
ngabaprofite. 32 Ngokuba eya kunikelwa
kubaheyideni, ahlekwe, apatwe kakubi,
atshicelwe; 33 babeya kumbeta, bambu-
lale; woti ngomhla wesitatu abuye avuke.
34 Abaqiqa ke bona nannye yezizinto;
saye isiteto esi sibe sibafihlelwe, bebenga-
ziqondi izinto ezibe zitetwa kanjalo.
35 Kwaye kute ekusondeleni kwake e-
Jeriko, imfama etile ibihleli ngasendhlo-
leni inqiba. 36 Yati yakuva isihlwele si-
dhlula, yabuza ukuba kungati nina oku.
37 Baza bayityela ukuba u-Yesu wase-
Nazarete uyadhlula. 38 Yaza yamemeza,
isiti: Yesu, nyana ka-Davide! yiba netaru
kumi. 39 Baza abo babehamba pambili
bayiyala, ukuba iti tu: kodwa yona yabi-
danduluka ngento enkulu ngakumbi, isiti:
Nyana ka-Davide! yiba netaru kumi. 40
Wema ke u-Yesu wayalela ukuba iziswe
kuye: yati yakusondela wayibuza, 41 esi-
ti: Unga ndingakwenzela 'nto nina? Ya-
yisiti: Nkosi! ndinga ndingamkela ukubona
kwami. 42 Waza u-Yesu wati kuyo: Ya-
mkela ukubona kwako; ukolo lwako luku-
pilisile. 43 Yaselisamkela ukubona kwayo
kwa oko, yamlandela, idumisa UTIXO: bati
nabantu bonke, bakubona *oku*, banikela
udumiso KUTIXO.
19 Waza wangena wahamba ecanda e-
Jeriko. 2 Kwaye kuko, bona ke,
indoda ibizwa ngegama elingu-Zakeyu,
ebiyinkosi yababuti beminikelo, ebisisi-
tyebi kanjalo. 3 Yabifuna ukubona u-
Yesu, ukuba unjanina; yabikohlwa ke
ngennxa yesihlwele, ngokokuba ibinnci-
nane ubude bayo. 4 Yaza yagidimela pa-
mbili, yakwela emtini wesikamore, ukuze
imbone: ngokuba ebeza kudhlula ngalo-
*ndhlela*. 5 Wati akufika kulondawo, wa-
beka pezulu u-Yesu, wayibona, wati kuyo:
Zakeyu! nxama uhle; ngokuba namhla
ndifanele ukuhlala endhlwini yako. 6 Ya-



University of Fort Hare

za yanxama yehla, yamamkela ivuya. 7
Baza bonke bakubona *oku* bakalaza, besiti:
Uye kulalisa endhlwini yendoda engum-
oni. 8 Wema ke u-Zakeyu, wati KWIN-
KOSI: Bona ke, isiqingata sempahla yami,
Nkosi! ndiyasipa amahlwempu; nokuba
kuko ondimhlutileyo into ngokulumkisa,
ndiyabuyekeza ngento epindiweyo kane.
9 Wayesiti u-Yesu kuye: Namhla usindiso
lufikile kulendhlu, ngokokuba naye ungu-
nyana ka-Abrahame. 10 Ngokuba unyana
wesintu weza ukufuna nokusindisa okula-
hlekileyo.

11 Kekaloku nxa bebesiva ezizinto, wa-
lekela wateta umzekeliso, ngenxa yokuba
ebekufupi ne-Yerusaleme, nokuba bebeba
ubukumkani BUKATIXO buza kubonakala
kamsinya. 12 Wati ngoko: Itshawe eli-
tile lahambela ezweni elikude, ukuya ku-
zamkelela ubukumkani, nokubuya. 13
Lati libizile izicaka zalo zilishumi, lazi-
nika ishumi lemina, lati kuzo: Yananani,
ndide ndize. 14 Kodwa abesixeko salo
babelitiya, batuma izitunywa emva kwalo,
besiti: Asivumi ukuba *lomntu* abe ngu-
kumkani pezu kwetu. 15 Kwaza kwati
lakuba libuyele kona, libamkele ubuku-
mkani nje, landula laxela ukuba kubize-
lwe kulo izicaka ezi, elati lazinika imali
leyo, ukuze lazi ukuba zizuzile 'nto nina
ngezinye ngokwanana. 16 Sati ke esoku-
qala sasondela, sisiti: Nkosi! imina yako
izuzile imina ezilishumi. 17 Laza lati
kuso: Ukolisile, sicaka esilungileyo! ngo-
kokuba ubunyanisekile kokuncinane ka-
kulu, yiba unegunya pezu kwezixeko zibe
lishumi. 18 Saza seza esesibini, sisiti:
Nkosi! imina yako yenzile imina ezinkla-
nu. 19 Laye lisiti nakuso esi: Nawe yiba
pezu kwezixeko zibe zihlanu. 20 Seza
nesinye, sisiti: Nkosi! nantsi imina yako,
ebendinayo ibekelwe eqiyeni: 21 ngokuba
bendikwoyika wena, kuba ungumntu olu-
kuni: uyacola oko ungakubekanga pantsi,
uyavuna oko ungakuhlwayelanga. 22 Lati
ke kuso: Ngokupumayo emlonyeni wako
ndokugweba, sicaka esikohlakeleyo! ubu-
sazi nje ukuba ndingumntu olukuni mina,
ndicola oko ndingakubekanga pantsi,
ndivuna oko ndingakuhlwayelanga: 23
ibiyinina pofu ukuba akwabeka imali
yami ebankeni? ndaye ndinga ndite
mina, ndakufika, ndabanga yona kunye
nokwanda *kwayo*. 24 Laza lati kwabo
babemi kufupi: Mhluteni imina *yake*, ni-
yinike kulowo unemina ezilishumi. 25
Baza bati kulo: Nkosi! unemina ezili-
shumi. 26 Ngokuba ndisiti kuni: Bonke
abanako baya kupiwa; kanti ongenako,
uya kuhlutwa kwa oko anako. 27 Kodwa
intshaba zami ezo, ezibe zingavumi ukuba
ndibe ngukumkani pezu kwazo, ziziseni
apa, nizibulale pambi kwami.
28 Waza wati akuba ebetshilo, wahamba
pambili, enyukela e-Yerusaleme.

29 KWAZA kwati, nxa wasondelayo
e-Betefage nase-Betaniya ngasentabeni
ebizwayo ngokuti yeyeminquma, watuma
ababini bakubadisipile bake, 30 esiti:
Hambani niye emzini omalungana nani;
eniya kuti kuwo nakungena, nifumane
iqwarashana libotshelelwe, ekungazanga
kuhlale namnye umntu pezu kwalo: liku-
luleni nilizise. 31 Nokuba umntu uyani-
buza *ngokuti:* Kunganina ukuba ni*li*ku-
lule? notsho kuye ukuti: Inkosi iyalifuna.
32 Bemka abo babetunyiwe, baya bafu-
mana njengokuba ebetshilo kubo. 33 Ke-
kaloku nxa bebelikulula iqwarashana, bati
abaninilo kubo: Yinina ukuba nilikulule
iqwarashana? 34 Bati bona: Inkosi iyali-
funa. 35 Baza balizisa ku-Yesu, baposa ingu-
bo zabo pezu kweqwarashana, bamkwelisa
u-Yesu. 36 Kanjako ekuhambeni kwake,
bebesandhlala ingubo zabo ngapantsi en-
dhleleni. 37 Kwati nxa ebesel' esondela
ngasetambekeni lentaba yeminquma, sa-
qala sonke isihlwele sabadisipile ukuvuya,
nokudumisa UTIXO ngelizwi elikulu, ngen-
nxa yazo zonke izenzo zamandhla aba-
bezibonile, 38 besiti: Makatanyusanqeli-
swe ukumkani ozayo egameni LIKAYEHOVA!
Uxolo lube sezulwini, nobungcwalisa en-
nyangweni yapezulu!
39 Baza innxennye yabafarisi basesi-
hlweleni bati kuye: Mfundisi! tetisa
abadisipile bako. 40 Waza wapendula
wati kubo: Nditi kuni: Ukuba aba bati
tu, amatye aya kudanduluka.
41 Wati nxa ebesondele, wabona isixe-
ko, wasililela, 42 esiti: Akwaba ubute kwa
wena, ewe kwa kuwo umhla wako lo, wazazi
izinto eziyelela uxolo lwako! kodwa ka-
loku nje ziwafihlelwe amehlo ako. 43 Ngo-
kuba imihla iya kuza pezu kwako, nxa
ziya kuti intshaba zako zibeke udonga
ngento ekungqongayo, zikuraule, zikuvi-
ngcele ngamacala onke, 44 zikucitele em-
hlabeni, nosapo lwako pakati kwako; zaye



University of Fort Hare

zingayi kushiya pakati kwako elinye ilitye
pezu kwelinye; ngenuxa yokuba ubunga-
lazanga ixesha lokunonelelwa kwako.
45 Waza wangena etempileni, waqala
ukugxota abo babetengisa kuyo, nababe-
tenga, 46 esiti kubo: Kubàliwe *ngokuti:*
Indhlu yami iyindhlu yokutandaza; kanti
nina niyenzile umqolomba wamabada.
47 Waye efundisa imihla ngemihla ete-
mpileni. Kodwa abaperisite abakulu na-
babàli bebefuna ukumbubisa, kwa naba-
kulu basebantwini; 48 kanti bebengafu-
mani into abangayenzayo; ngokuba abantu
bonke bebesiti nama kuye ukupulapula.
20 Kwaza kwati ngomnye wemihla leyo,
nxa ebefundisa abantu etempileni,
eshumayela ivangeli, basondela abaperi-
site abakulu, nababàli, kunye nabadala,
2 bateta kuye, besiti: Sixelele, uzenza ezi-
zinto ngeguuya lanina? umhlaumbi ungu-
banina owanika kuwe eligunya? 3 Koko
wapendula wati kubo: Nami ndobuza
kuni indawo ibe 'nnye, nize nindixelele
ke. 4 Ubapitizesho luka-Johane beluvela
ezulwini, beluvela ebantwini, kusinina?
5 Baza babuzana omnye nomnye, besiti:
Ukuba siti: Ezulwini; woti: Kunganina
pofu ukuba anikolwanga nguye? 6 Kodwa
ukuba siti: Ebantwini; bonke abantu bo-
sigibisela ngamatye: ngokuba bekoliwe
ukuba u-Johane ebengumprofite. 7 Baza
bapendula ukuba abazi beluvela pina. 8
Wati no-Yesu kubo: Nami andixeleli niña
kungelanina igunya endizenza ezizinto.
9 Waza waqala ukuteta ebantwini um-
zekeliso lo: Umntu otile watyala isitiya,
wasiqeshisela kubalimi, wahambela kweli-
nye ilizwe kwada kwakade. 10 Wati ngexe-
sha elifanelekileyo watuma kubalimi isica-
ka, ukuze banike kuso kwiziqamo zesitiya.
Kodwa abalimi basityabula, basimkisa si-
ngenanto. 11 Waza walekela watuma esi-
nye isicaka; neso ke basityabula, basipata
ngento ehlazekileyo, basimkisa singenanto.
12 Walekela watuma nesesitatu; nesi ke
basilimaza, bamkupela pandhle. 13 Waza
wati umninisitiya: Ndiya kwenza 'nto
nina? ndiya kutuma unyana wami otandi-
weyo; kungaba lo bakumbona baya kum-
hlonela. 14 Kodwa bakumbona abalimi
abo, babuzana omnye nomnye, besiti: Lo
uyindhlalifa; yizani, masimbulale, ukuze
ilifa libe leletu. 15 Baza bamkupela pa-
ndhle kwesitiya, bambulala. Uya kwenza
'nto nina ngoko kubo umninisitiya?
16 Uya kuza atshabalalise abalimi aba,
anike isitiya kwabanye. Bati ke bakuva
*oko:* Kwanga kungebe njalo! 17 Kodwa
ebakangele wati: Kuyinto nina oku pofu
okubàliweyo: Ilitye babelilahlile abaki,
elona laba yinkloko yegumbi? 18 Osu-
kuba esiwa pezu kwelolitye, uya kutunyu-
zwa; kodwa lowo liwa pezu kwake, liya
kumti viti.
19 Baza abaperisite abakulu nababàli
bafuna ukubeka izandhla pezu kwake kwa
ngeloxeshana, kanti boyika abantu; ngo-
kuba bebenakene ukuba lomzekeliso wa-
wuteta ngakubo.

20 BAZA bamgqala, batuma inklola zi-
zenzisa abalungileyo, ukuba zibambe ama-
zwi ake, ukuze bamnikele emandhleni
nasegunyeni lenkosi. 21 Zaza zambuza,
zisiti: Mfundisi! siyazi ukuba uyalungisa
ukuteta nokufundisa; kanjalo akubuki
isiqu *samntu*, koko ufundisa indhlela KATIXO
ngokwennyaniso: 22 kufanelekile kuti u-
kunika umnikelo ku-Kesare, aku*fanelekile*,
kusinina? 23 Kodwa wanakana ubuqo-
kolo bazo, wati kuzo: Yinina ukuba ni-
ndilinge? 24 ndiboniseni idenari. Ngo-
kabanina umfanekiso nesibàlwa inawo?
Zapendula zati: Ngoka-Kesare. 25 Wa-
yesiti kuzo: Nikelani kambe izinto zika-
Kesare kuye u-Kesare, nezinto ZIKATIXO
kuye UTIXO. 26 Zakohlwa ke kukubamba
amazwi ake ebusweni babantu: zaza zatela
nqa impendulo yake, zati cwaka.
27 Kwaye kusiza *kuye* abatile bakubasa-
dusi, abakanyelayo ukuba kuko uvuko,
bambuza, 28 besiti: Mfundisi! u-Mosesi
wasibàlela *ukuti:* Xeshekweni kufayo
umkuluwe womntu, enomfazi, afe lowo
engenabantwana, makati umninawe wake
azeke umfazi *wake*, amvusele umkuluwe
wake inzalo. 29 Kekaloku bekuko abaza-
lwana abasixenxe: waza owokuqala wa-
zeka umfazi, wafa engenabantwana. 30
Waza owesibini wazeka umfazi *wake*, wati
naló wafa engenabantwana. 31 Waza
owesitatu wamzeka; benje njalo kwa
nabasixenxe; abashiya 'bantwana ke, bafa
nokufa. 32 Wati emveni kwabo bonke
wafa nomfazi. 33 Ngako eluvukweni, uba
ngumfazi wawupina kubo? ngokuba aba-
sixenxe bebenaye engumfazi. 34 Waza
wapendula wati kubo u-Yesu: Usapo lwe-
lilizwe likoyo luyazeka, luyendiswa ka-
njako; 35 kodwa abo babalwa ngokuba



University of Fort Hare

befanele ukuzuza elolizwe lizayo, noku-
vuka ekufeni, abazeki, abendiswa kanjako:
36 ngokuba bengenako nokuba babuye
bafe; ngokuba befana nengelosi; kanjalo
balusapo LUKATIXO, belusapo lwaseluvukwe-
ni. 37 Kodwa ukuba bayavuswa abafileyo,
kuxelwe nangu-Mosesi endaweni yetyolo,
akuti UYEHOVA UNGUTIXO ka-Abrahame, NO-
TIXO ka-Yisake, NOTIXO ka-Yakobi. 38 Ke-
kaloku akaNGUTIXO wabafileyo, ungowaba-
hleliyo; ngokuba bonke behleli kuye.
39 Baza bapendula abatile bakubabàli,
bati: Mfundisi! ulungisile ukutsho. 40
Baye bengabi senakukalipa kwokumbuza
'nto.

41 Wayesiti kubo: Bati nina ukuti u-
Krestu ungunyana ka-Davide? 42 Kanti
u-Davide ngokwake uti encwadini ya-
maculo: Wati UYEHOVA KWINKOSI yami:
Hlala ngasekunene kumi, 43 ndide ndenze
intshaba zako zibe sisitulo sennyawo zako.
44 U-Davide ngoko uyambiza NGENKOSI;
aze ati nina ke ukuba ngunyana wake?

45 Kekaloku nxa bebesiva bonke abantu,
wati kubadisipile bake: 46 Lumkelani
ababàli, abafuna ukuhamba ngengubo
ezinde, abatanda izibuliso ezindaweni
zentengo, nezihlalo zapambili ezindhlwini
zenklanganiso, nendawo zobukulu ezi-
dhlweni; 47 abadhlayo izindhlu zabahlo-
lokazi, besenza nemitandazo emide ngoku-
zenzisa: aba baya kwamkela ukugwetywa
okukulu ngakumbi.

21 Wati akubeka pezulu wabona abazi-
tyebi befaka iminikelo yabo endaweni
yendyebo. 2 Wabona nomhlolokazi otile
obuhlwempu efaka kona imalanyana zi-
mbini. 3 Waza wati: Ngennyaniso nditi
kuni: Lomhlolokazi olihlwempu ubagqi-
tisile bonke ngokufaka: 4 ngokuba bonke
aba bebefaka eminikelweni KATIXO kubo
ubuninzi babo; kodwa lo kuko ukuswela
kwake ebefaka kwa konke abenokupila
ngako.

5 KEKALOKU nxa abatile bebeteta
ngayo itempile, ukuba ihonjiwe ngamatye
amahle nangamabaso, wati: 6 Ezizinto
enizikangelayo, kuya kuza imihla ekuyo
kungayi kushiywa elinye ilitye pezu kwe-
linye, elingayi kuwiswa pantsi.

7 Baza bambuza, besiti: Mfundisi! zo-
bako ninina pofu ezizinto? kanjalo *woba*
yinto nina umqondiso, xeshekweni ezizinto
ziza kuhla?
8 Wayesiti yena: Lumkani, ize ninga-
kohliswa. Ngokuba abaninzi beya kuza
egameni lami, besiti: Mina ndinguye;
kanjalo ixesha selikufupi: zeningayi ke
emva kwabo. 9 Kodwa xeshekweni nizi-
vayo imfazwe nempitimpiti, musani ukwe-
tuswa; ngokuba ezizinto zifanele ukuhla
tanci; kodwa ukupela akuko kamsinya.
10 Wandula wati kubo: Uhlanga luya
kuvukela uhlanga, nobukumkani *buya ku-*
*vuk*ela ubukumkani; 11 zaziya kubako izi-
ngcangcazelo ezikulu zomhlaba ngendawo
ngendawo, nendhlala, nezifo ezibubisayo;
yobako nemibono eyoyikekayo nemiqo-
ndiso emikulu ivela ezulwini. 12 Kodwa
baya kuti zingekabiko zonke ezizinto, ba-
beke izandhla zabo pezu kwenu, ba*ni*tshu-
tshise, be*ni*nikela ezindhlwini zenklanga-
niso nasezintolongweni, nisiwa pambi
kwokumkani nenkosi ngennxa yegama
lami: 13 okuya kuba yinzuziso yokunqìna
kwenu. 14 Kumiseleni ngoko ezinklizi-
yweni zenu, ukuba aniyi kucinga ngapa-
mbili ukuzitetelela kwenu: 15 ngokuba
ndiya kuninika umlomo nobulumko, abaya
kuti bonke abalane benu bakohlwe kuku-
pika nokumelana nabo. 16 Kanjalo niya
kungcatshwa nangabazali, nabazalwana,
nezalamane, nezihlobo; ewe bonifisa in-
nxennye: 17 naniya kutiywa nga*bantu*
bonke ngennxa yegama lami. 18 Kanti
akuyi kutshabalala nalunye unwele kwin-
kloko yenu. 19 Ngokunyamezela kwenu
yilondolozeni imipefumlo yenu.

20 Kekaloku xeshekweni niyibonayo i-
Yerusaleme ingqongiwe yimikosi, yazini
oko ukuba sekukufupi ukucitakaliswa
kwayo. 21 Mabati oko abo base-Judeya
basabele ezintabeni; nabo bapakati kwayo
mabemke kona; nabo basezindhleni ma-
bangangeni kuyo. 22 Ngokuba iyimihla
yempindezelo le, yokuba kuzaliseke zonke
izinto ezibàliweyo.

23 Hai kodwa ubunzima babo abamitiyo
nabanyisayo kuleyomihla! ngokuba kuya
kubako ubunzima obukulu elizweni, nom-
sindo pakati kwabantu aba. 24 Babeya
kuwa ngohlangoti lwerele, batinjelwe kuzo
zonke inklanga; ne-Yerusaleme yoba inya-
telwa ngabaheyideni, ade amaxesha abahe-
yideni azaliseke.

25 Kwakuya kubako imiqondiso ela-
ngeni, nasennyangeni, nasezinkwenkwe-
zini; napezu kwomhlaba usizi olunzima
lwenklanga ekuxakekeni; lugquma ulwa-



University of Fort Hare

ndhle namaza; 26 zibohla inkliziyo zabantu ngokwoyika nokukangela izinto ezizayo emhlabeni: ngokuba amandhla asezulwini eya kuzanyazanyiswa. 27 Bandule ukubona unyana wesintu esiza elifini, enamandhla nobungcwalisa obukulu. 28 Kekaloku zakuba ezizinto ziqala ukuhla, bekani pezulu, nipakamise inkloko zenu; ngokokuba kusondela ukukululwa kwenu.

29 Waza wateta umzekeliso kubo: Kangelani umkiwane, nayo yonke imiti. 30 Xeshekweni isel' itwasa, niyabona nazi ngokwenu ukuba lise likufupi ihlobo: 31 kwa njalo nani, xeshekweni nibona ezizinto zisihla, yazini ukuba bukufupi ubukumkani BUKATIXO. 32 Ngokwennene nditi kuni: Asiyi kuza sidhlule isizukulwana esi, zingekenzekanga zonke. 33 Kwodhlula izulu nomhlaba; kodwa amazwi ami akayi kuza adhlule.

34 Zilumkeleni ke, hleze kezenzwe nzima inkliziyo zenu ngokudikwa, nangokunxila, nangezitukutezi zobubomi, ize iti immini leyo inifikele ngokwalama: 35 ngokuba njengomgibe iya kuza pezu kwabo bonke abahleli pezu kwobuso bomhlaba wonke. 36 Papamani ngoko ngamaxesha onke nitandaza, ukuze nibalwe ngokuba nifanele ukusinda kwezizinto zonke eziza kuhla, nokuma pambi kwake unyana wesintu.

37 Waye kekaloku ngemmini efundisa etempileni; wati ngobusuku epuma walalisa entabeni ebizwa ngokuti yeyeminquma. 38 Baye bonke abantu besiza kusasa kuye etempileni, ukuza kumva.

22 KEKALOKU umtendeleko wezonka ezingenagwele ubusondela, o-kutiwa yipasika: 2 baza bafuna abaperisite abakulu nababàli ukuba bangati nina ukumbulala; ngokuba bebesoyika abantu.

3 Wati ke u-Satane wangena ku-Jude obebizwa ngelinye igama elingu-Sikariyoti, engowasenanini labalishumi linababini. 4 Waza wemka waya wateta nabaperisite abakulu nenkosi, ukuba angati nina ukumnikela kubo. 5 Baza bavuya, bavumelana naye ukumnika imali. 6 Watakazela ke, wafuna ituba lokumnikela kubo singeko isihlwele.

7 Wada wafika umhla wezonka ezingenagwele, ebekufanele ngawo ukuba kubingwe ipasika. 8 Waza watuma u-Petrosi no-Johane, esiti: Hambani niye nisilungiselele ipasika, ukuze siyitye. 9 Bati bona kuye: Utanda ukuba silungiselele pina? 10 Wati yena kubo: Bona ke, nakuba ningene esixekweni, niya kukaulelwa ngumntu etwele umpanda wamanzi; mlandeleni yena niye endhlwini apo angena kona. 11 Naniya kuti kumniniyo indhlu leyo: Uti kuwe umfundisi: Ipina inkambili yendwendwe, apo ndingayityela kona ipasika ndawonye nabadisipile bami? 12 Waeya kuti lowo anibonise inkambili yapezulu enkulu eyandhlalelweyo: lungiselelani kona apo. 13 Bemka ke baya bafumana njengokuba etshilo kubo, bayilungisa ipasika.

14 Kwati kwakufika ixeshana, wahlala pantsi, nabapostile abalishumi linababini kunye naye. 15 Waza wati kubo: Asi nokuba ndinqwenele lepasika ukuyitya ndawonye nani, ndingekeva inklungu: 16 ngokuba ndisiti kuni: Andisayi kuba satya kuyo, ide izaliseke ebukumkanini BUKATIXO. 17 Waza wamkela indebe, wabulela, wati: Tabatani le, nabelane: 18 ngokuba ndisiti kuni: Andisayi kuba sasela kwisiqamo somti weveyine, kude kufike ubukumkani BUKATIXO.

19 Waza watabata isonka, wabulela, waqezula, wabanika, esiti: Esi singumzimba wami, onikelwa nina; kwenzeni oku kube kukukunjulwa kwami. 20 Ngokunjalo *watabata* nendebe emveni kwokuba kudhliwe, esiti: Lendebe ilucebano olutsha egazini lami, elipalazelwa nina.

21 Kodwa, bona ke, isandhla sondingcatshayo sinami etafileni. 22 Ewe unyana wesintu uyemka okunene, njengoko kumisiweyo: kodwa kwoba nzima kulowamntu angcatshwa nguye! 23 Baza baqala ukubuzisana omnye nomnye, ukuba angaba nguwupina ke kubo oza kuyenza lento.

24 Kwabekuko nepike pakati kwabo, ukuba nguwupina wakubo obalwayo ngokuba mkulu kwabanye. 25 Waza wati kubo: Okumkani babaheyideni bayabapata ngobukosi, nabo banegunya pezu kwabo bayabizwa ngokuti bangabenzeleli. 26 Kodwa nina aniyi kuba njalo; koko omkulu pakati kwenu makabe njengomncinane, noyinkosi njengokonzayo. 27 Ngokuba nguwupina omkulu? ngohleli ekutyeni, ngokonzayo, kusinina? asi ngulowo na uhleli ekutyeni? kodwa mina ndipakati kwenu njengokonzayo. 28 Nina ke ningabo babemana behlala nami emalingweni ami. 29 Nami ndiyamisela nina ubuku-



University of Fort Hare

mkani, njengokuba UBAWO emisele mina;
30 ukuze nitye nisele etafileni yami ebu-
kumkanini bami, nihlale ezitEroneni, ni-
gweba izizwe ezilishumi linazibini zo-
Sirayeli.

31 Yayisiti INKOSI: Simone, Simone!
bona ke, u-Satane uzibizele nina, ukuba
anele njengennqolowa. 32 Kodwa mina
ndikutandazele wena, ukuze ukolo lwako
lungapeli: nawe yiti, nxa ude waguquka,
uqinise abazalwana bako. 33 Wati yena
kuyo: Nkosi! sendilungile ukuya nawe
nasentolongweni nasekufeni. 34 Yati
yona: Nditi kuwe, Petrosi! inkuku ayiyi
kulila namhla nje, ungekakanyeli katatu
ukuba uyandazi.

35 Yaza yati kubo: Okuya ndandini-
tuma ningenasidhla, nannxowa, nazihla-
ngu, kenaswela 'nto na? Bati bona:
Nannye. 36 Yandula yati kubo: Kodwa
kaloku nje lowo unesidhla makasipate,
kwa nennxowa kanjalo: nalowo ongenaso,
makatengise ngengubo yake, atenge isirele.
37 Ngokuba ndisiti kuni: Oku okubàli-
weyo kusafanele ukufezwa kumi, okwokuti:
Wabalwa nabagqita umteto; ngokuba
izinto *ezileta* ngami zinesipelo. 38 Bati
bona: Nkosi! bona ke, nazi izirele ezibini.
Yayisiti kubo: Kwanele.

39 Waza wapuma *u-Yesu*, waya ngokwe-
siko *lake* entabeni yeminquma; bati naba-
disipile bake bamlandela. 40 Kekaloku
akuba ebefikile kwindawo, wati kubo:
Tandazani nize ningangeni ekulingweni.

41 Waza washenxa kubo kwanga ku-
mgama wokujulwa kwelitye, waguqa nga-
madolo, watandaza, 42 esiti: Bawo! ukuba
uyavuma ukususa lendebe kumi—: noko
makungabi yintando yami eyenziwayo,
makube yeyako. 43 Kwaye kubonakala
kuye ingelosi ivela ezulwini imomeleza.
44 Waza esekulweni okunzima watandaza
ngokunyameka ngakumbi: kwati ukubila
kwake kwanga kumatontsi amakulu egazi
esiwa pantsi emhlabeni. 45 Wati akusuka
ekutandazeni, weza kubadisipile bake, wa-
bafumana belele ubutongo ngosizi, 46 wati
kubo: Yinina ukuba nilale? sukani nita-
ndaze, ukuze ningangeni ekulingweni.

47 Kekaloku nxa abesateta, nasi isi-
hlwele ke; nalowo kutiwa ungu-Jude,
owabalishumi linababini, ebehamba pambi
kwabo, wasondela ku-Yesu ukuza kumanga.
48 Waza u-Yesu wati kuye: Jude! uya-
ngcatsha unyana wesintu ngokwanga na?

49 Kekaloku abo babempahla, bakubona
oko kuya kubako, bati kuye: Nkosi! sobeta
ngesirele kusinina? 50 Waza umntu otile
kubo wabeta isicaka somperisite omkulu,
wasinqumla eyokunene indhlebe. 51 Koko
wapendula u-Yesu wati: Yumelani kude
kube lapa. Waza wacukumisa indhlebe
yaso, wasipilisa.

52 Waza u-Yesu wati kubo abaperisite
abakulu, nenkosi zetempile, nabadala, aba-
bemzumile: Nipumile nezirele nenduku
na, njengokungati *nibe nipuma* ngakulo
ibada? 53 Ndakuba bendinani etempileni
imihla ngemihla, anolula 'zandhla nga-
kumi: kodwa eli lixeshana lenu, nama-
ndhla obumnyama.

54 Bati bakuba bebembambile, bamrola,
bamsa endhlwini yomperisite omkulu.
Waza u-Petrosi walandela ekude. 55 Ke-
kaloku nxa bebebasile umlilo pakati kwe-
kusi, nanxa bebehleli pantsi ndawonye,
wahlala pantsi u-Petrosi pakati kwabo.
56 Sati isicakazana esitile sakumbona
ehleli pantsi ngasemlilweni, samjongela,
sati: Naló ebenaye. 57 Koko wamkanye-
layo, esiti: Nkazanandini! andimazi. 58
Kwasekumzuzwana omnye wambona wati:
Nawe ungowakubo. Koko u-Petrosi wati:
Mntundini! andinjalo. 59 Yati yakugqita
yanga yiyure innye, omnye umntu waqi-
nisa ukutshoza, esiti: Ngokwennyaniso
naló ebenaye; ngokuba kwa yena engum-
Galili. 60 Koko wati u-Petrosi: Mntu-
ndini! andiyazi into oyitetayo. Yaselisiti
kwa oko, nxa ebesateta, yalila inkuku. 61
Yaza yajika INKOSI, yamkangela u-Petrosi.
Waza u-Petrosi wakumbula ilizwi LEN-
KOSI, okokuba ibitshilo kuye ukuti: Inge-
kalili inkuku, uya kundikanyela katatu.
62 Waselepuma ngapandhle u-Petrosi, wa-
lila ngento eburara.

63 Aza amadoda abembamba u-Yesu
amhleka, amtyabula: 64 ati akuba
ebemgubungele amehlo, ambeta ebusweni,
ambuza, esiti: Laula, wabetwa ngubani
nina? 65 Nezinnye izinto ezinninzi ebe-
ziteta ngakuye ngokugxeka.

66 Kwati kwakuba kuse kusile, kwa-
hlanganisana abadala babantu, nabaperisite
abakulu nababàli, bamrolela enklangani-
sweni yabo, besiti: 67 Unguye u-Krestu
kusinina? sixelele. Wayesiti kubo: Ukuba
ndiyanixelela, aniyi kukolwa; 68 nokuba
ndiyabuza nami, aniyi kundipendula, aniyi
kundikulula kanjako. 69 Emveni kwaka-



University of Fort Hare

loku nje umyana wesintu woba ehleli nga-
sekunene kwamandhla KATIXO. 70 Baza
bati bonke: Wena pofu unguye unyana
KATIXO na? Waza wati kubo: Nitsho nina,
ukuba ndinguye. 71 Bati bona: Sisafu-
nela nina ubungqina? ngokuba tina ngo-
kwetu sivile ngomlomo wake.

23 WAZA wesuka kwa wonke umhlambi
wabo, wamrolela ku-Pilati.
2 Kekaloku baqala ukumnika ityala,
besiti: Samfumana lo epambukisa uhlanga
*lwetu*, esalela ukunika iminikelo ku-Kesare
kanjalo, esiti kwa yena ungu-Krestu uku-
mkani. 3 Waza u-Pilati wambuza, esiti:
Ungukumkani wama-Juda na? Wapendula
kuye wati: Utsho wena.
4 Waza u-Pilati wati kubaperisite aba-
kulu nakwizihlwele: Andifumani 'tyala
kulomntu. 5 Koko bebejoka ngakumbi,
besiti: Uyavuselela abantu, efundisa kuyo
yonke i-Judeya, eqalile kuyo i-Galili
kwada kwalapa. 6 Wati u-Pilati akuva
i-Galili, wabuza ukuba umntu lowo ebe-
ngum-Galili na. 7 Waza akuqonda ukuba
ungowasebukosini buka-Herodi, wamtuma
ku-Herodi, obeko naye e-Yerusalemo kwe-
zintsuku. 8 Wati u-Herodi akubona u-
Yesu, wavuya kunene; ngokuba kube ku-
kade efuna ukumbona, ngenuxa yokuba
ebesiva izinto ezininzi ngaye; ebetemba
nokuba uya kubona umqondiso usenziwa
nguye. 9 Waza wambuza ngamazwi ama-
ninzi; kodwa akampendula 'nto. 10 Be-
bemi nabaperisite abakulu nababali, bem-
nika ityala ngamandhla. 11 Waza u-Herodi
wamdela, kunye namasodati ake, wamhle-
ka, wamambatisa isivato esikazimlayo, wa-
buya wamtuma ku-Pilati. 12 Bati keka-
loku u-Pilati no-Herodi kwa ngalommini
baxolelana; ngokuba bebefudula benobu-
tshaba omnye nomnye.
13 Waza u-Pilati akuba ebebizele nda-
wonye kuye abaperisite abakulu, naba-
pati, nabantu, 14 wati kubo: Nimzisile
kumi umntu lo, njengokuba engosongayo
abantu; kekaloku bona ke, ndimbuzile
ebusweni benu nje, andifumananga 'tyala
kulomntu, ngezozinto nimnika ityala
ngazo: 15 aka*fumana* no-Herodi kanjalo;
ngokuba ndindanituma kuye; kanti bona
ke, akuko 'nto efanele ukufa eyenziweyo
nguye: 16 ndiya kuti ngoko ndimbete
ndimkulule. 17 (Kekaloku ebefanelwe ku-
kuti ngomtendeleko *lowo* abakululele *um-*
*banjwa* abe 'mnye.) 18 Kodwa badanduluka
wonke umhlambi kunye, besiti: Susa lo,
usikululele u-Baraba: 19 (umntu obete
ngenuxa yempitimpiti etile ebe yenziwe
esixekweni nombulalo, waposelwa entolo-
ngweni.)
20 Wandula u-Pilati wabuya wateta
*kubo*, efuna ukukulula u-Yesu. 21 Kuloko
bebemenieza, besiti: Mkuruseshe, mkuru-
seshe yena. 22 Waza wati kubo ngokwe-
sitatu: Wenze ukukohlakala 'kunina pofu
lo? andifumananga 'tyala lokuba afe kuye:
ndiya kuti ngoko ndimbete ndimkulule.
23 Kodwa bebenyakatisa ngamazwi ama-
kulu, bebiza ukuba akuruseshwe. Ada
amazwi abo nawabaperisite oyisa. 24
Waza u-Pilati wagweba ukuba kwenziwe
ngesibizo sabo: 25 wabakululela ke lowo
ubeposelwe entolongweni ngenuxa yempi-
timpiti nombulalo, oyena babembiza; ko-
dwa u-Yesu wamnikela ekutandeni kwabo.
26 Baza bati bakuba bebemrola, babamba
u-Simone, *umntu* otile wase-Kirene, obe-
vela ezindhleni, bayibeka pezu kwake
ikuruse, ukuba ayitwale emva kwo-Yesu.
27 Kekaloku ebelandelwa s'sihlwele
esikulu sabantu, nesabafazi, abebesenza
isijwili nesililo ngaye. 28 Koko u-Yesu
ejikele ngakubo wati: Zintombi zase-
Yerusaleme! ningalili pezu kwami, kodwa
lilani pezu kwenu napezu kwabantwana
benu: 29 ngokuba, bona ke, imihla isiza
ekuyo kuya kutiwa: Banetamsanqa aba-
zindhlolo, nezizalo ezingazalanga, nama-
bele anyisanga. 30 Baya kwandula baqale
ukuti ezintabeni: Siweleni; nasezindulini:
Sigubungeleni. 31 Ngokuba, xeshekweni
bazenza ezizinto kumti oluhlaza, kuya
kuhla 'nto nina kowomileyo?
32 Kwaye kurolwa nabanye bebabini,
abenzi benkohlakalo, ukuya kubulawa
kunye naye. 33 Bati bakufika endaweni
ebizwayo ngokuti yeyenkaukani, bamku-
ruseshela kona, kwa nabenzi benkohla-
kalo, omnye ngasekunene, nomnye ngase-
kohlo.
34 Wayesiti u-Yesu: Bawo! baxolele;
ngokuba bengazi into abayenzayo. Bati
bezaba ingubo zake, benza amaqashiso.
35 Kekaloku bebemi abantu bebonela.
Baza bamsinekela, kwa nabapati kunye
nabo, besiti: Wabasindisa abanye, maka-
zisindise yena ngokwake, ukuba lo unguye
u-Krestu, umqashwa KATIXO. 36 Kanjalo
namasodati ebemhleka, esiza *kuye*, emzisela



University of Fort Hare

neyasine, 37 esiti nokuti: Ukuba wena
ungukumkani wama-Juda, zisindise.
38 Kwaye kuko nesibàlwa sibàliwe
pezu kwake ngamagama angokwama-
Girike, nangokwama-Roma, nangokwama-
Hebere, *sokuti:* Lo UNGUKUMKANI WAMA-
JUDA.
39 Wati kekaloku omnye wabenzi ben-
kohlakalo abebexònyiwe wamgxeka, esiti:
Ukuba wena unguye u-Krestu, zisindise
nati. 40 Kodwa wapendula omnye wam-
tetisa, esiti: Akumoyiki UTIXO nawe na,
ukwa koku kona ukugwetywa nje? 41
Nati okunene *sikuko* ngokulungileyo; ngo-
kuba sikwamkele okuyelelana nezinto esa-
zenzayo; kodwa lo akenza 'nto esisono.
42 Waza wati ku-Yesu: Ndikumbule,
Nkosi! xeshekweni uzayo ebukumkanini
bako. 43 Waza u-Yesu wati kuye: Ngo-
kwennene nditi kuwe: Namhla nje uya
kubako nami eparadisi.
44 Yanga yayiyure yesitandatu, kwaza
kwabako ubumnyama pezu kwalo lonke
ilizwe yada yayiyure yesitoba. 45 Lenziwa
mnyama nelanga; kanjalo ikuselo lendawo
eyingcwele larazulwa pakati.
46 Waza wadanduluka ngelizwi elikulu
u-Yesu, wati: Bawo! ndiyanikela ummoya
wami ezandhleni zako. Wati akuba ebe-
tshilo waqauka umpefumlo.
47 Kekaloku inkosikulu yakubona into
eyenzekileyo, yadumisa UTIXO, isiti: Ngo-
kwennyaniso umntu lo ebengolungileyo.
48 Bati nabantu bonke abebebutanele
lombonelo, bebona izinto ezenzekileyo, ba-
buya bebeta izifuba zabo. 49 Bebemi nabo
bonke babesazana naye bekude, kwa naba-
fazi abebempelekile evela e-Galili, beka-
ngela ezizinto.
50 Kekaloku bona ke, indoda egama
lingu-Josefe, ingumpakati, indoda elungi-
leyo nenobulungisa, 51 (yona le ibinga-
vumelene necebo *lamanye* nesenzo sawo,)
eyase-Arimateya isixeko sama-Juda, nebi-
linda ubukumkani BUKATIXO nayo, 52 yona
le yeza ku-Pilati, yacela umzimba ka-Yesu.
53 Yaza yawutula, yawusongela eqiyeni,
yawubeka encwabeni elimbelweyo eweni,
apo kwaye kungazanga kulale 'mntu kona.
54 Lomhla ubungowokulungiselela, nesa-
bata ibisondela.
55 Bati kekaloku nabafazi, abo bebezile
naye bepuma e-Galili, balandela, babona
incwaba, nokuba kwatiwa nina ukubeka
umzimba wake. 56 Babuya ke, balungisa
izimnandi namafuta emore; baza bapumla
ngesabata njengokwomyalelo.

24 KEKALOKU ngolwokuqala *usuku*
lweveki, kwakuza kuti qip' ukusa,
beza encwabeni, bezisa izimnandi ababezi-
lungisile, *nabafazi* abatile kunye nabo. 2
Bati ilitye balifumana liqengqiwe encwa-
beni. 3 Baza bakungena abafumana um-
zimba WENKOSI u-Yesu. 4 Kwaza kwati
ekuxakekeni kwabo ngako oku, bona ke,
amadoda amabini ema ngakubo enezivato
ezibengezelayo. 5 Kekaloku bakuba be-
nokwoyika bona, betoba ubuso ngasemhla-
beni, ati kubo: Yinina ukuba nifune ohle-
liyo pakati kwabafileyo? 6 Akako apa,
uvukile. Kumbulani okokuba wateta kuni,
nxa ebesese-Galili, 7 esiti: Unyana wesi-
ntu ufanele ukunikelwa ezandhleni zaba-
ntu abangaboni, nokukuruseshwa, nokuti
ngomhla wesitatu abuye avuke. 8 Baza
bakumbula amazwi ake; 9 bati bakuba
bebuyile encwabeni, bashumayela ezizinto
zonke kwabalishumi elinamnye, nakubo
bonke abanye. 10 Wayengu-Mariya wase-
Magadala, no-Johana, no-Mariya *unina* ka-
Yakobi, na*bobafazi* abanye abebenabo, aba-
xelela abapostile ezizinto. 11 Aza amazwi
abo ati kubo anga kukutetateta kodwa,
baye bengakolwa ngabo ke.
12 Koko u-Petrosi wesuka wagidimela
encwabeni; wati etobile pantsi wabona
iqiya zokubopa zilele zodwa; waza wemka
ekutela nqa pakati kwake oko kwenzeki-
leyo.
13 Kekaloku bona ke, ababini kubo
babe kwa ngalommini besiya emzini ukude
ne-Yerusaleme izitadiya zingamashumi
matandatu, ogama liyi-Emmayusi. 14
Baye bencokola ke omnye nomnye ngezo-
zinto zonke ezibe zihlile. 15 Kwaza kwati
nxa bebencokola babuzisana, wasondela u-
Yesu ngokwake wabapeleka. 16 Kodwa
amehlo abo ebebanjwa ukuba bangabi
nakumazi.
17 Wayesiti kubo: Zindawo zinina ezi,
enitetelana ngazo nihamba, nikedamile nje?
18 Wapendula omnye, lowo ugama lingu-
Keleyopasi, wati kuye: Wena uhlala
njengowasemzini kodwa e-Yerusaleme na,
ungazazanga nje izinto ezenzekileyo kuyo
ngezintsuku?
19 Waza wati kubo: Zipina? Bati bona
kuye: Ezingaye u-Yesu wase-Nazarete,
obengumprofite, enamandhla ekwenzeni



University of Fort Hare

nasekuteteni ebusweni BUKATIXO nabo bo-
nke abantu: 20 nokokuba abaperisite aba-
kulu nabapati betu bamnikela ekugwe-
tyweni kwokuba afe, bamkurusesha. 21
Kodwa tina sibe sitemba ukuba unguye
oza kukulula o-Sirayeli. Kanjako kambe,
kunye nako konke oku, namhla ngumhla
wesitatu kuseloko zenzekayo ezizinto. 22
Ewe nabafazi abatile kwabetu basimanga-
lisa, abebeko kusasa encwabeni; 23 abati
bengafumananga umzimba wake, beza, be-
siti babonile nesibonakalo sengelosi, ezati
uhleli. 24 Kanjalo abatile babakuti baya
encwabeni, bafumana njalo njengokuba
ebetshilo nabafazi; kodwa yena abambona.

25 Waza yena wati kubo: Nina 'bange-
nakuqonda nabankliziyo zibutuntu uku-
kolwa kuko konke abakutetileyo abapro-
fite! 26 ebengafanele na u-Krestu ukuziva
ezizinto, nokungena ebungcwaliseni bake?
27 Waza waqala ngo-Mosesi nangabapro-
fite bonke, wabatyilela kuzo zonke izibàlo
izinto *ezileta* ngaye yena.

28 Bada basondela emzini apo bebesiya
kona: wati yena wenza ngokungati uya
kugqita. 29 Baza bamqùba, besiti: Hlala
nati, kuba kuza kuhlwa, isangene immini
ke. Waza wangena ukuya kuhlala nabo.

30 Kwaye kute akuba ebehleli pantsi
ndawonye nabo, watabata isonka wabulela,
waza waqezula wanikela kubo. 31 Asuka
agatyulwa amehlo abo, bamazi ke: waza
wati shwaka kubo. 32 Baza bati omnye
kwomnye: Inkliziyo yetu ibingatshi na
pakati kwetu, nxa ebeteta kuti endhleleni,
nanxa ebesanekela izibàlo?

33 Baza besuka kwa ngeloxeshana, ba-
buyela e-Yerusaleme, babafumana bebutene
ndawonye abalishumi elinamnye nabebe-
nabo; 34 abebesiti: INKOSI ivukile ngo-
kwennyaniso, yabonakala ku-Simone. 35
Kanjalo bona batyela oko *bekuhlile* endhle-
leni, nokokuba yaziswa kubo ekuqezulweni
kwesonka.

36 Kekaloku bakuba bebeteta ezizinto,
wema u-Yesu ngokwake pakati kwabo,
wati kubo: Uxolo malube kuni! 37 Koko
benokwetuka nokwoyika bebeba bayabona
umoya. 38 Waza wati kubo: Yinina
ukuba nixalile? kunganina nokuba izica-
mango zivuke ezinkliziyweni zenu? 39
kangelani izandhla zami nennyawo zami,
ukuba ndimi isiqu sami: ndicofeni, nika-
ngele; ngokuba umoya engenannyama na-
matambo, njengokuba nibona ndinazo mina.
40 Waza wati akuba etshilo wababonisa
izandhla nennyawo. 41 Kekaloku benge-
kakolwa ngokuvuya, besiti nqa nokuti nqa,
wati kubo: Ninento yokudhla na apa? 42
Bamnikela isiqendu senklanzi eyojiweyo,
nentwana yeuklango zobusi. 43 Waza
watabata watya ebusweni babo.

44 Wayesiti kubo: Ngawo la amazwi
endawatetayo kuni, nxa bendiseko nani,
okokuba zifanele ukuzalisekiswa zonke
izinto ezibàliweyo ngami emtetweni ka-
Mosesi, nasebaprofiteni, nasemaculweni.
45 Wandula watyila ingqiqo yabo, ukuba
baqonde izibàlo, 46 wati kubo: Kubàliwe
ngokunjalo, bekufanele nangokunjalo uku-
ba u-Krestu eve inklungu, nokuba abuye
avuke ekufeni ngomhla wesitatu, 47 no-
kuba kushunyayelwe egameni lake ugu-
quko noxolelwa lwezono pakati kwazo
zonke inklanga, kuqalwa e-Yerusaleme.
48 Nani ke, ningamanqina ezizinto. 49
Kanjalo bona ke, ndiyatuma isibambiso
SIKABAWO pezu kwenu; kodwa hlalani
nina esixekweni e-Yerusaleme, nide namba-
tiswe amandhla evela ennyangweni.

50 Waza wabakokela pandhle kwada
kwase-Betaniya, wapakamisa izandhla zake,
wabatamsanqelisa. 51 Kwaye kute eku-
batamsanqeliseni kwake, wahlukana nabo,
wenyuselwa ezulwini. 52 Baza bambede-
sha, babuyela e-Yerusaleme ngovuyo olu-
kulu. 53 Kanjalo bebehlala beko etempi-
leni, bedumisa bebonga UTIXO. Amene.



University of Fort Hare

# IVANGELI ENGCWELE

NGOKUBALA

# KUKAJOHANE.

### ISAHLUKO I.

EKUQALEKENI ebeko u-Lizwi, waye
u-Lizwi ebeko KUTIXO, ebeNGUTIXO
u-Lizwi kanjako. 2 Yena lo ebeko eku-
qalekeni KUTIXO. 3 Zonke izinto zenziwa
nguye; nangapandhle kwake akwenziwa
nannye into eyenziweyo. 4 Kuye yena
bebuko ubomi; nobomi obo bebulukanyiso
lwabantu. 5 Luti ukanyiso olu lukanye
ebumnyameni; kanti ubumnyama abulu-
qiqanga.
6 Kwavela umntu etunyiwe NGUTIXO,
ogama lingu-Johane. 7 Yena lo wazela
ukunqìna, ukuba anqìne ngalo ukanyiso,
ukuze bonke bakolwe ngaye. 8 Ebenge-
lulo ukanyiso yena; koko *wezayo* ukuba
anqìne ngalo ukanyiso.
9 Lona ukanyiso oluyinnyaniso belululo
olukanyisayo bonke abantu besiza elizweni.
10 Ebeko elizweni, kanjalo ilizwe lenziwa
nguye, kanti ilizwe alimazanga. 11 Weza
kokwake, kanti abake abamamkelanga. 12
Kodwa bonke abamamkelayo, wapa bona
igunya lokuba babe lusapo LUKATIXO, abo
bakolwayo egameni lake: 13 abebenga-
*zelwe* ngegazi, nangentando yennyama,
nangentando yomntu, koko bebezelwe
NGOTIXO.
14 Waza u-Lizwi waba yinnyama, wa-
hlala pakati kwetu, (sati kekaloku saka-
ngela ubungcwalisa bake, ubungcwalisa
njengabo obokupela kwozelweyo evela
KUTIXO,) ezele lufefe nayinnyaniso.
15 U-Johane wanqìna ngaye, wadandu-
luka, esiti: Ebenguye lo endati ngaye:
Ozayo emva kwami, uze kuba pambili
kumi; ngokuba ebeko ndingekabiko mina.
16 Nasekuzaleni kwake tina sonke sa-
mkela, kwa nofefe pezu kwofefe. 17 Ngo-
kokuba umteto wanikwa ngo-Mosesi;
kweza ufefe nennyaniso ngo-Yesu Krestu.
18 Akuko 'mntu oke wambona UTIXO na-
kanye: unyana okupela kwozelweyo, ose-
sifubeni SOYISE, oyena wamtyila.

19 KEKALOKU oku kukunqìna kuka-
Johane, xeshekweni ama-Juda ase-Yeru-
saleme atuma abaperisite naba-Levi, ukuze
babuze kuye *ukuti:* Wena ungubanina?
20 Waza wavuma, akakanyela ke; ewe
wavuma, *esiti:* Andinguye u-Krestu. 21
Baza babuza kuye *ukuti:* Uti nina pofu?
unguye na u-Elija? Wayesiti: Andi-
nguye. *Bati:* Unguye na umprofite lowo?
Wapendula *wati:* Hai. 22 Bati ngoko
kuye: Ungubanina? ukuze sibanike impe-
ndulo abo basitumayo: uti nina ngesiqu
sako? 23 Wati: Ndililizwi lodandulukayo
enklango: Lungelelanisani indhlela KAYE-
HOVA; njengokuba bekutshiwo ngu-Yisaya
umprofite.
24 Kekaloku abo babetunyiwe bebenga-
bakubo abafarisi. 25 Baza bambuza, bati
kuye: Yinina pofu ukuba ubapitizeshe,
ukuba akunguye u-Krestu, kwa no-Elija,
kwa nomprofite lowo? 26 Wapendula
kubo u-Johane, esiti: Mina ndiyabapitize-
sha ngamanzi: kodwa kumi pakati kwenu
oningamaziyo; 27 nguye oti, esiza emva
kwami, uze kuba pambili kumi, endinga-
fanele mina ukuba ndiwutukulule umtya
wesihlangu sake. 28 Ezizinto zenzeka
e-Betabara pesheya kwe-Yoredane, apo
u-Johane ebebapitizesha kona.
29 Ngomhla olandelayo u-Johane wam-
bona u-Yesu esiza kuye, wati: Kangela
imvana KATIXO, esusayo isono selizwe! 30
Nguye lo endati ngaye: Kuza emva kwami
umntu, oze kuba pambili kumi: ngokuba
ebeko ndingekabiko mina. 31 Ndaye ndi-
ngamazi ke: koko ukuze abonakaliswe ko-
Sirayeli, kukona ndezayo mina ndibapiti-
zesha ngamanzi. 32 Waza wanqìna u-
Johane, esiti: Ndibonile UMOYA esihla



University of Fort Hare

njengehobe ezulwini, waza wahlala pezu
kwake. 33 Ndaye ndingamazi ke: koko
lowo wanditumȧyo ukuba ndibapitizeshe
ngamanzi, oyena wati kumi: Lowo usukuba
ubona UMOYA esihla ehlala pezu kwake,
nguye lo obapitizesha ngomoya oyingcwele.
34 Ndibonile ke, ndinqinile kanjalo ukuba
lo unguye unyana KATIXO.

35 Kanjako ngomhla olandelayo ebemi
u-Johane, kwa nababini kubadisipile bake.
36 Waza emkangele u-Yesu ehamba wati:
Kangela imvana KATIXO! 37 Bati aboba-
disipile ababini bamva etefa, bamlandela
u-Yesu. 38 Wajika ke u-Yesu, wababona
belandela, wati kubo: Nifuna 'nto nina?
Bati bona kuye: Rabi! (oko kukuti ngo-
kukunyushwa, Mfundisi!) uhlala pina?
39 Wati kubo: Yizani nibone. Beza ba-
bona apo ahlala kona, bahlala kuye immini
leyo; yabiyiyure yanga yeyeshumi. 40
Ebengu-Andreya umninawe ka-Simone
Petrosi, omnye kwabo 'babini ababevile
ku-Johane *ngo-Yesu*, bamlandela. 41 Wati
yena lo kuqala wafumana umkuluwe wake
u-Simone, wati kuye: Simfumene u-Mesi-
ya; (okukuti ngokukunyushwa, u-Krestu.)
42 Waza wamzisa ku-Yesu. Wati u-Yesu
emkangele ke: Wena ungu-Simone, unyana
ka-Jona; uya kubizwa ngo-Kefasi; (okuti
ukukunyushwa ngo-Petrosi.)

43 Ngomhla olandelayo wanga u-Yesu
angemka ukuya e-Galili; waza wafumana
u-Filipi, wati kuye: Ndilandele. 44 Ke-
kaloku u-Filipi ebengowase-Betesayida,
kwisixeko sika-Andreya no-Petrosi. 45
U-Filipi wafumana u-Natanayeli, wati
kuye: Lowo kwabalwa ngaye ngu-Mosesi
emtetweni nangabaprofite, simfumene, u-
Yesu unyana ka-Josefe, owase-Nazarete.
46 Waza u-Natanayeli wati kuye: Kunga-
vela e-Nazarete into elungileyo yinina?
Wati u-Filipi kuye: Yiza ubone. 47
U-Yesu wambona u-Natanayeli esiza
kuye, wati ngaye: Nanku um-Sirayeli
ngennyaniso, ekungeko 'nkohliso kuye!
48 Wati u-Natanayeli kuye: Uzuze pina
ukundazi kwako? Wapendula u-Yesu wati
kuye: Engekakubizi u-Filipi, wakuba u-
bungapantsi kwomkiwane, ndakubona. 49
Wapendula u-Natanayeli wati kuye: Rabi!
unguye unyana KATIXO, unguye ukumkani
wo-Sirayeli. 50 Wapendula u-Yesu wati
kuye: Ngokokuba ndati kuwe, ndakubona
ngapantsi kwomkiwane, uyakolwa na? uya
kubona izinto ezinkulu kwezi. 51 Waza
wati kuye; Ngokwennene, ngokwennene,
nditi kuwe: Emveni kwoku niya kubona
izulu livulekile, nengelosi ZIKATIXO zinyuka
zisihla nokuhla pezu kwonyana wesintu.

2 KWAZA ngomhla wesitatu kwabako
umtshato e-Kana yase-Galili; waye
unina ka-Yesu ebekona. 2 Kwamenywa
no-Yesu, nabadisipile bake, ukuza emtsha-
tweni. 3 Kwati kwakupela iveyine, wati
unina ka-Yesu kuye: Abanaveyine. 4
Wati u-Yesu kuye: Ndiyinto nina kuwe,
Mfazi? alikafiki ixeshana lami. 5 Wati
unina kubakonzi: Into asukuba eyitsho
kuni, yenzeni. 6 Kwaye kumi kona imi-
panda yelitye mitandatu, ngesiko lokuhla-
mbulula kwama-Juda, ibamba ngeminye
ibate zimbini umhlaumbi zintatu. 7 Wati
u-Yesu kubo: Zalisani imipanda ngamanzi.
Bayizalisa ke kwada kwakuwo umpeto.
8 Waza wati kubo: Tululani kaloku, ni-
twalele kumpati womtendeleko. Batwala
ke. 9 Kekaloku nxa umpati womtendeleko
ebevile lomanzi abenzwe iveyine, engazi
ukuba ivela pina; (kodwa bebesazi abako-
nzi abebetulule amanzi;) umpati womte-
ndeleko wambiza umyeni, 10 wati kuye:
Bonke abantu bayabeka iveyino elungileyo
kuqala; bati xeshekweni kukolisile ukuse-
lwa, bandule *babeke* leyo imbi kuyo: wena
uyigcinile iveyine elungileyo kwada kwa-
kaloku.

11 Oku ukuqala kwemimangaliso *yake*
wakwenza u-Yesu e-Kana yase-Galili, wa-
bonakalisa ubungcwalisa bake; baza bako-
lwa kuye abadisipile bake.

12 Emveni kwoku wehla waya e-Kapc-
nayume, yena, nonina, nabazalwana bake,
nabadisipile bake: baza bahlala kona
intsuku ezingenninzi.

13 KWAYE kube kuba kufupi ipasika
yama-Juda, wati u-Yesu wenyukela e-
Yerusaleme. 14 Waza wabafumana ete-
mpileni abebetengisa ngenkabi nangezimvu
nangamahobe, nabananisi bemali behleli.
15 Wati akuba ebenze iziniya ngentanjana,
wabagxota bonke etempileni, kwa nezimvu
nenkabi, wapalaza imali yabananeli, neta-
file *zabo* wazipenula; 16 nabo abebetengisa
ngamahobe watsho kubo ukuti: Susani
apa ezizinto; ningayenzi indhlu KABAWO
indhlu yentengo. 17 Baza bakumbula aba-
disipile bake ukuba kubàliwe *ukuti:* Uku-
zondelela *kwami* indhlu yako undidhlile.



University of Fort Hare

18 Andula apendula ama-Juda ati kuye:
Ngumqondiso 'mnina usibonisa wona, use-
nza ezizinto nje? 19 Wapendula u-Yesu
wati kuwo: Citani itempile le, ndandiya
*kubuya* ndiyimise pakati kwentsuku ntatu.
20 Andula ati ama-Juda: Yiminyaka
emashumi mane anamitandatu itempile le
ibisakiwa ngayo; nawe woyimisa pakati
kwentsuku ntatu na? 21 Kodwa yena
ebesitsho ngayo itempile yomzimba wake.
22 Ngako okuya abevukile ekufeni, ba-
kumbula abadisipile bake ukuba ebekutsho
oku kubo; baza bakolwa sisibàlo, nalili-
zwi abelitetile u-Yesu.

23 Kekaloku xeshekweni ebese-Yerusa-
leme epasikeni, emtendelekweni, abaninzi
bakolwa egameni lake, bebona imimanga-
liso yake abeyenza. 24 Kodwa u-Yesu
ngokwake ebengazinikeli kubo, ngennxa
yokuba ebesazi *abantu* bonke, 25 nangokuba
ebengasweli ukuba kunqìnwe 'mntu ngo-
luntu; kuba ebesazi ngokwake oko kube
kuko ebantwini.

3 Kwaye kuko umntu wakubo abafarisi,
ogama lalingu-Nikodemo, umpati wama-
Juda: 2 yena lo weza ku-Yesu ngobusuku,
wati kuye: Rabi! siyazi ukuba ungum-
fundisi evele KUTIXO; ngokuba kungeko
'mntu ongayenzayo lemimangaliso oye-
nzayo wena, nxa UTIXO angenaye.

3 Wapendula u-Yesu wati kuye: Ngo-
kwennene, ngokwennene, nditi kuwe:
Xeshekweni umntu angazalwanga ngoku-
tsha, akangebone ubukumkani BUKATIXO.

4 Wati u-Nikodemo kuye: Angati nina
umntu ukuzalwa akuba mdala? angangena
esizalweni sonina ngokwesibini na, azalwe
ke?

5 Wati u-Yesu ukupendula: Ngokwen-
nene, ngokwennene, nditi kuwe: Xeshe-
kweni umntu angazalwanga ngamanzi
NANGOMOYA, akangangene ebukumkanini
BUKATIXO. 6 Okuzelweyo ngenyama, ku-
yinnyama; nokuzelweyo NGOMOYA, ku-
ngummoya. 7 Ungabi nakuti nqa ukuba
ndati kuwe: Nifanele ukuzalwa ngoku-
tsha. 8 Ummoya uyavutela apo utanda
*ukuvutela* kona, nesandi sawo uyasiva;
koko ungazi ukuba uvela pina, nokuba
usinga pina: unjalo osukuba ezelwe NGO-
MOYA.

9 Wapendula u-Nikodemo wati kuye:
Zingati nina ezizinto ukubako?

10 Wapendula u-Yesu wati kuye: U-
nguye umfundisi wo-Sirayeli na, nezizinto
akuzazi? 11 Ngokwennene, ngokwen-
nene nditi kuwe: Oko sikwaziyo siyaku-
teta, noko sikuboneleyo siyakunqìnela;
nokunqìna kwetu anikwamkeli. 12 Uku-
ba ndinixelele izinto zasemhlabeni, naza
anakolwa, noti nina ukukolwa, xeshekweni
ndinixelela izinto zasezulwini? 13 Ka-
njalo akuko 'mntu onyukeleyo ezulwini,
kupela lowo wehlayo ezulwini, *kwa* unyana
wesintu osezulwini. 14 Nanjengokuba
u-Mosesi wapakamisa innyoka enklango,
kwa njalo ufanele ukupakanyiswa unyana
wesintu; 15 ukuze osukuba ekolwa kuye
angabubi, koko abe nobomi obungunapa-
kade.

16 Ngokuba UTIXO walitanda ilizwe ka-
ngaka, wada wanika unyana wake okupela
kwozelweyo, ukuze osukuba ekolwa kuye
angabubi, koko abe nobomi obungunapa-
kade. 17 Ngokuba UTIXO engatumanga
unyana wake elizweni, ukuze aligwebe ili-
zwe; koko *wamtuma* ukuze ilizwe lisindi-
swe ngaye. 18 Okolwayo kuye akanaku-
gwetywa; kodwa ongakolwayo usel' egwe-
tyiwe, ngokokuba engakolwanga egameni
lonyana okupela kwozelweyo KATIXO. 19
Kuko oku ke okugwebayo, ukuba ukukanya
kungenile elizweni, kanti abantu babutanda
ubumnyama ngapezu kwako ukukanya;
ngokuba imisebenzi yabo ibikohlakele. 20
Ngokuba lowo usukuba ekwenza okubi
ekutiya ukukanya, engezi ekukanyeni ka-
njako, ukuze imisebenzi yake ingohlwa-
ywa. 21 Kodwa lowo uyenza innyaniso
uyeza ekukanyeni, ukuze imisebenzi yake
ibonakaliswe, ukuba yenziwe KUTIXO.

22 EMVENI kwezizinto weza u-Yesu
nabadisipile bake ezweni le-Judeya; wa-
hlala nabo apo ke, wabapitizesha. 23 Wayo
kekaloku no-Johane ebapitizesha e-Enoni
kufupi ne-Salime, kuba bekuko amanzi
amaninzi kona: baye besiza *abantu*, baba-
pitizeshwa. 24 Ngokuba u-Johane ebe-
ngekaposelwanga entolongweni.

25 Kwandula kwesuka umbuzo ngecala
labadisipile baka-Johane nama-Juda ngako
ukuhlambulula. 26 Baza beza ku-Johane,
bati kuye: Rabi! lowo ubenawe pesheya
kwe-Yoredane, omnqìneleyo wena, ka-
ngela, yena lo uyabapitizesha, bati bonke
beze kuye.

27 Wapendula u-Johane wati: Umntu
akangamkele 'nto, xeshekweni inganikwa-
nga kuye ivela ezulwini. 28 Nina ngo-



University of Fort Hare

kwenu niyandinqinela ukuba ndati: Andi-
nguye u-Krestu, koko nditunyiwe pambi
kwake. 29 Onaye umtshakazi, ungumye-
ni; kodwa umhlobo womyeni, omiyo esiva
nokuva yena, uyavuya kunene ngennxa
yelizwi lomyeni: ngako olu uvuyo lwami
luzalisekile. 30 Ufanele yena ukwanda,
kodwa *ndifanele* mina ukuncipa.
31 Ovela pezulu, upezu kwabo bonke;
lowo ungowasemhlabeni, ungowasemhla-
beni, eteta nokwasemhlabeni: ovela ezu-
lwini, upezu kwabo bonke; 32 noko aku-
bonileyo wakuva, oku uyakunqinela; no-
kunqina kwake akuko 'mntu okwamkelayo.
33 Owamkeleyo ukunqina kwake, unca-
matisele okokuba UTIXO uyinnene. 34
Ngokuba lowo UTIXO wamtumayo ewateta
amazwi KATIXO: ngokuba UTIXO enga*m*niki
UMOYA ngokulinganisa. 35 UYISE uyam-
tanda UNYANA, nento zonke uzinikele
esandhleni sake. 36 Okolwayo KUNYANA,
unobomi obungunapakade; kodwa lowo
ungakolwayo KUNYANA, akayi kubona
ubomi, koko ingqumbo KATIXO ihlala
pezu kwake.

4 XESHEKWENI ngoko yabisazi INKOSI
ukuba abafarisi beva kusitwa u-Yesu
ugqitisile u-Johane ngokwenza nangoku-
bapitizesha abadisipile, 2 (nangona beku-
ngengu-Yesu ngokwake obebapitizesha,
bekungabadisipile bake,) 3 washiya i-
Judeya, wabuya wemkela e-Galili. 4 Ebe-
fanele ukuti ke acande i-Samariya.
5 Weza kufika ngoko esixekweni sase-
Samariya esi-kutiwa yi-Sikare, kufupi ne-
sahlulo somhlaba esanikwayo ngu-Yakobi
kunyana wake u-Josefe. 6 Kekaloku
umtombo ka-Yakobi ubukona. U-Yesu
ngoko, ediniwe ngokuhamba *kwake*, ebe-
hleli njalo ngasemtonjeni. Ibiyiyure
yanga yeyesitandatu.
7 Weza umfazi wase-Samariya ukuza
kuka amanzi. Wati u-Yesu kuye: Ndipe
ndisele. 8 (Ngokuba abadisipile bake
bebemkile ukuya esixekweni, ukuze bate-
nge ukutya.) 9 Wandula wati umfazi
wase-Samariya kuye: Yinina ukuba wena
ungum-Juda uje ucele ukusela kumi, ondi-
ngum-Samariyakazi? (Ngokuba ama-Juda
engadhlelani nama-Samariya.)
10 Wapendula u-Yesu wati kuye:
Ukuba ubusazi isipo SIKATIXO, nokuba
ungubanina oti kuwe: Ndipe ndisele;
unga ucele kuye, waye enga ete yena wa-
kupa amanzi apilileyo. 11 Wati umfazi
kuye: Nkosi! akunanto yokuka ngayo;
kanjalo iqula linzulu: uwazuza pina ngoko
lamanzi apilileyo? 12 umkulu wena ku-
bawo wetu u-Yakobi na, owasipa eliqula,
wasela kulo yena ngokwake, nosapo lwake,
nenkomo zake?
13 Wapendula u-Yesu wati kuye: Osu-
kuba esela kuwo amanzi la, wobuya anxa-
nwe: 14 kodwa lowo usukuba esela kulo-
manzi aya kuwapiwa ndimi, akasayi kuza
anxanwe napakade: koko lomanzi endiya
kumpa wona, oba pakati kwake engum-
tombo wamanzi empompozela ebomini
obungunapakade. 15 Wati umfazi kuye:
Nkosi! ndipe lamanzi, ukuze ndinganxa-
nwa, ndingezi nokuza apa ukuka.
16 Wati u-Yesu kuye: Hamba, biza
indoda yako, uze apa. 17 Wapendula
umfazi wati: Andinandoda.
Wati u-Yesu kuye: Ulungisile ukuti:
Andinandoda: 18 ngokuba ubunamadoda
amahlanu; nangoku leyo unayo ayiyindoda
yako: unyanisile ukutsho oko. 19 Wati
umfazi kuye: Nkosi! ndiyabona ukuba
ungumprofite. 20 Obawo betu babedesha
kulentaba; nani niti ise-Yerusaleme in-
dawo apo kufanele ukubedesha kona.
21 Wati u-Yesu kuye: Mfazi! kolwa
ndimi, ukuba ixeshana liyeza, xeshekweni
ningayi kuti nakulentaba nase-Yerusaleme
nimbedesho UYISE. 22 Nina niyabedesha
eningakwaziyo: tina siyabedesha esikwa-
ziyo; ngokuba usindiso luvela kuma-Juda.
23 Koko ixeshana lisiza, ewe liko ngoku,
xeshekweni ababedeshi abayinnyaniso baya
kumbedesha UYISE ngommoya nangennya-
niso: ngokuba NOYISE efuna ukuba abambe-
deshayo babe ngabanjalo. 24 UTIXO ungu-
moya: nabo bambedeshayo, bafanele uku-
bedesha ngommoya nangennyaniso.
25 Wati umfazi kuye: Ndiyazi ukuba
u-Mesiya uyeza; (o-kutiwa ngu-Krestu;)
xeshekweni kufika lowo, wosishumayeza
into zonke. 26 Wati u-Yesu kuye: Mina
nditetayo kuwe ndinguye.
27 Bati pezu kwoku bafika abadisipile
bake, bati nqa ukuba ebeteta nomfazi: ko-
dwa noko bekungeko owatshoyo ukuti:
Ufuna 'nto nina? umhlaumbi ukuti: Yi-
nina ukuba utete naye?
28 Wandula umfazi washiya umpanda
wake, wemka waya esixekweni, wati eba-
ntwini: 29 Yizani, nibone umntu, owa-
ndixelelayo zonke izinto endike ndazenza:



University of Fort Hare

lo unguye u-Krestu na? 30 Bandula ba-
puma esixekweni, beza ukuza kuye.
31 Kekaloku pakati kwoku abadisipile
*bake* bebemtandaza, besiti: Rabi! yidhla.
32 Koko wati kubo: Mina ndinokutya
ndikudhle, eningakwaziyo nina. 33 Bebe-
siti ngoko abadisipile omnye kwomnye:
Kuko omziseleyo into yokudhla na?
34 Wati u-Yesu kubo: Ukutya kwami
kokokuba ndiyenze intando yonditumileyo,
nokuba ndiwufeze umsebenzi wake. 35
Anitsho na ukuti: Kuseko innyanga ezin-
ne, kwandul' ukufika ukuvuna? bona ke,
nditi kuni: Pakamisani amehlo enu, nika-
ngele amasimi, ukuba asel' emhlope kuvu-
nwe. 36 Uti novunayo nwamkele umvuzo,
azibute izixakato zibo zezobomi obungu-
napakade; ukuze kwa nohlwayelayo no-
vunayo bavuye kunye. 37 Nakuko oku
siya*zaliseki*swa esositeto esiyinnyaniso so-
kuti: Kuko omnye ohlwayelayo, nomnye
ovunayo. 38 Ndanituma ukuvuna oko
ningakusebenzelanga; abanye basebenzile,
nani ningenile emisebenzini yabo.
39 Kekaloku ama-Samariya amaninzi
akwesosixeko akolwa kuye, ngennxa yeli-
zwi lomfazi obenqina ngokuti: Wandixe-
lela zonke izinto endiko ndazenza. 40
Kwa njalo xeshekweni ama-Samariya afika
kuye, ebemtandaza ukuba ahlale kuwo;
waza wahlala kona intsuku zambini. 41
Aza amanye amaninzi ngakumbi akolwa
ngennxa yelizwi lake, 42 ati kumfazi:
Akusengennxa yokuteta kwako sikolwayo;
ngokuba sivile tina ngokwetu, sazi no-
kwazi ukuba lo unguye ngennyaniso
umsindisi welizwe, u-Krestu.
43 Wati kekaloku emveni kwezontsuku
mbini wapuma kona, wemka waya e-Galili.
44 Ngokuba u-Yesu ngokwake ebenqinele
ukuba umprofite akanakubekwa emzini
wakowabo. 45 Xeshekweni ke wafika e-
Galili, ati ama-Galili amamkela, ezibonile
nje zonke izinto wazenzayo e-Yerusaleme
emtendelekweni: ngokuba nawo ebeye
emtendelekweni. 46 Kwa njalo u-Yesu
wabuya weza e-Kana yase-Galili, apo abe-
wenzile amanzi iveyino.
Kwabekuko inkosana etile unyana wayo
ebesifa e-Kapenayume. 47 Yati yona le
yakuva ukuba u-Yesu ebepumile e-Judeya
wafika e-Galili, yaya kuye, yamtandaza
ukuba ehle ampilise unyana wayo: ngo-
kuba ebeza kufa. 48 Wandula wati u-
Yesu kuyo: Xeshekweni ningaboni imiqo-
ndiso nemimangaliso, anisayi kukolwa. 49
Yati inkosana kuye: Nkosi! yihla enge-
kabubi umntwana wami. 50 Wati u-Yesu
kuyo: Hamba; unyana wako upilile.
Waza umntu lowo wakolwa lilizwi abelite-
tile kuye u-Yesu, wahamba. 51 Kekaloku
uxa ebesehla, izicaka zako zamkaulela,
zashumayela zisiti: Umntwana wako upi-
lile. 52 Wandula wabuza kuzo iyure wa-
qilipala ngayo. Zaza zati kuye: Izolo
ngeyure yesixenxe icesine lamyeka. 53
Wazi ngoko uyise ukuba bekungaleyo
iyure abetshilo u-Yesu kuye ngayo ukuti:
Unyana wako upilile. Waza wakolwa
yena, nendhlu yake yonke. 54 Lo kanjako
ummangaliso wesibini wawenza u-Yesu,
akuba ebevele e-Judeya wafika e-Galili.

5 EMVENI kwezizinto kube kuko umte-
ndeleko wama-Juda; waza u-Yesu we-
nyukela e-Yerusaleme. 2 Kuko kekaloku
e-Yerusaleme ngakwelegusha *isango* iciba,
eli-kutwa ngokwama-Hebere yi-Beteseda,
linazo intendelezo ezinhlanu. 3 Kuzo ezi
bekulele isihlwele esikulu sabayimilwe-
lwe, nemfama, neziqwala, nabashwabeneyo,
belinda ukushukuma kwamanzi. 4 Ngo-
kuba ibisiti ingelosi ngamaxesha atile
yehlela kwelociba, yazamazamisa amanzi:
yena ngoko owangena kuqala emveni kwo-
kuzanyazanyiswa kwamanzi, ebesenzwa
epilile, noko wayebanjwa sisifo esinja-
nina.
5 Kwabekuko umntu otile kona obese-
bulwelweni *bake* iminyaka yamashumi
matatu anesibozo. 6 Akuti u-Yesu wabona
lo elele, wazi nokwazi ukuba kwasekukade
enjalo, wati kuye: Unga ungenziwa upi-
lile na? 7 Wati umlwelwe kuye ukupe-
ndula: Nkosi! andinamntu wokuti, xe-
shekweni azanyazanyiswa amanzi, andihli-
sele ecibini; kodwa uxa ndizayo mina,
omnye uyandipangela ukuhla. 8 Wati
u-Yesu kuye: Suka, pata ukùko lwako,
uhambe. 9 Waselesenziwa epilile kwa
oko umntu lowo, wapata ukùko lwake,
wahamba. Kekaloku ibiyisabata ngemmini
leyo.
10 Ayesiti ngoko ama-Juda kobepili-
siwe: Yimmini yesabata; akuvunyelwa
wena ukuba upate ukùko *lwako*. 11 Wati
ukuwapendula: Lowo wandipilisayo, o-
yena wati kumi: Pata ukùko lwako, uha-
mbe. 12 Abuza ngoko kuye *ukuti:* Ungu-
banina lamntu owati kuwe: Pata ukùko


University of Fort Hare

lwako, uhambe? 13 Kodwa lowo wapili-
swayo ebengazi ukuba ungubanina: ngo-
kuba u-Yesu ebenyebelezile, isihlwele si-
sendaweni leyo nje.
14 Emveni kwoku u-Yesu wamfumana
etempileni, wati kuye: Kangela, wenziwe
upilile; ungabi sona, ukuze ungahlelwa
yinto embi kulé. 15 Wemka umntu lowo,
washumayela kuma-Juda ukuba ngu-Yesu
owampilisayo.
16 Abesiti ke ama-Juda ngennxa yoku
amtshutshisa u-Yesu, afuna ukumbulala,
ngokokuba ezizinto wabezenza ngemmini
yesabata.
17 Kodwa u-Yesu wati ukuwapendula:
UBAWO uyasebenza kwada kwakaloku, nami
ndiyasebenza. 18 Ngennxa yoku ke ama-
Juda abefuna ngakumbi ukumbulala, ngo-
kokuba wabengayapuli isabata kodwa, koko
kanjalo wabesiti UTIXO ungowake UYISE,
ezilinganisa NOTIXO nje.
19 Wandula wapendula u-Yesu wati
kuwo: Ngokwennene, ngokwennene, nditi
kuni: UNYANA akangenze 'nto ngokwake,
*uyenza* into ambona UYISE eyenza kupela;
ngokuba izinto asukuba ezenza yena lowo,
ezi uyazenza kwa njalo NONYANA. 20 Ngo-
kuba UYISE emtanda UNYANA, ambonise
zonke izinto azenzayo yena; waeya kumbo-
nisa imisebenzi emikulu kulé, ukuze niti
nqa. 21 Ngokuba njengokuba UYISE eba-
vusa abafileyo, abadhlise ubomi, kwa njalo
NONYANA uyabadhlisa ubomi abo atandayo
*ukubadhlisa ubomi.* 22 Ngokuba kanjako
UYISE engagwebi 'mntu, koko ukugweba
ekunikele konke KUNYANA; 23 ukuze bo-
nke bambeke UNYANA, njengokuba bembeka
UYISE. Lowo ungambeki UNYANA, akambeki
UYISE owamtumayo.
24 Ngokwennene, ngokwennene, nditi
kuni: Oti alive ilizwi lami, akolwe ku-
lowo wanditumayo, unobomi obungunapa-
kade, akezi ekugwetyweni kanjalo, koko
epumile ekufeni wangena ebomini. 25
Ngokwennene, ngokwennene, nditi kuni:
Ixeshana liyeza, ewe liko ngoku, nxa aba-
fileyo baya kuliva ilizwi lonyana KATIXO;
boti abevayo badhle ubomi. 26 Ngokuba
njengokuba UYISE enobomi kuye ngokwake,
kwa njalo wanika NONYANA ukuba abe no-
bomi kuye ngokwake: 27 wamnika negu-
nya lokuba enze ukugweba nako, ngoko-
kuba engunyana wesintu. 28 Ningakuteli
nqa oku; ngokuba ixeshana lisiza, ekukulo
bonke abasemangcwabeni baya kuliva ili-
zwi lake, 29 bapume ke; abo bakwenza
okulungileyo, ukuya eluvukweni lwobomi;
nabo bakwenza okubi, ukuya eluvukweni
lwokugwetywa.
30 Andingenze 'nto mina ngokwami;
njengokuba ndisiva, ndiyagweba: kanjalo
ukugweba kwami kulungile; ngokuba
ndingafuni intando yami, koko *ndifuna*
intando KABAWO owanditumayo. 31 Ukuba
ndiyazinqinela ngokwami, ubunqina bami
abuyinnene. 32 Uko omnye onqinayo
ngami; ndiyazi ke ukuba ubunqina abu-
nqinayo ngami buyinnene.
33 Nitumile ku-Johane, waye yena e-
nqinele innyaniso. 34 Kodwa abuveli
emntwini ubunqina endibamkelayo mina;
koko ezizinto ndiziteta, ukuze nisindiswe.
35 Yena lowo ebesiso isibane esivutayo
esikanyayo; nani nibe nivuma ukugcoba
ngexeshana ekukanyiseni kwake.
36 Kodwa ubunqina endinabo mina bu-
kulu kobuka-Johane: ngokuba imisebenzi
endiwanikiweyo NGUBAWO ukuba ndiyifeze,
eyona imisebenzi endiyenzayo, iyanqina
ngami, ukuba UBAWO unditumile. 37 Naye
UBAWO owanditumayo, yena ngokwake u-
nqinile ngami. Ilizwi lake anizanga ni-
live nakanye, nokubonakala kwake aniku-
bonanga kanjako. 38 Nelizwi lake aninalo
lona lihlala kuni; ngokuba lowo amtumi-
leyo yena, ningakolwa nguye. 39 Pengu-
lulani izibàlo; ngokuba nina niba nino-
bomi obungunapakade kuzo: kanjalo zizo
ezo ezinqinayo ngami. 40 Kanti anivumi
ukuza kumi, ukuze nibe nabo ubomi.
41 Andamkeli imbeko kubo abantu. 42
Koko ndinazi nina, ukuba utando LUKATIXO
aninalo kuni. 43 Ndize mina egameni
LIKABAWO, kanti anindamkeli: ukuba
omnye uyeza kwelake igama, yena lowo
niya kumamkela. 44 Ningati nina uku-
kolwa, nisamkela imbeko abanye kwaba-
nye, nembeko evela KUTIXO yedwa aniyi-
funi? 45 Ningabi ndiya kuninceteza mina
KUBAWO; kuko onincetezayo, u-Mosesi,
enitemba kuye. 46 Ukuba nibe nikolwa
ngu-Mosesi nje, ngeniba nikolwa ndimi;
ngokuba yena wabàla ngami. 47 Kodwa
ukuba anikolwa zimbàlo zake, noti nina
ukukolwa ngamazwi ami?

6 EMVENI kwezizinto wemka u-Yesu
waya pesheya kwolwandhle lwase-
Galili, kwolwase-Tiberiyasi. 2 Kwaye
kumlandela isihlwele esikulu, kuba bebe-



University of Fort Hare

bona imimangaliso yake abeyenza pezu
kwababesifa. 3 Waza u-Yesu wenyukela
entabeni *apo,* wahlala pantsi kona ndawo-
nye nabadisipile bake. 4 Kekaloku ipa-
sika, umtendeleko wama-Juda, ibikufupi.
5 Wandula u-Yesu wapakamisa amehlo
*ake,* wabona ukuba isihlwele esikulu siyeza
kuye, wati ku-Filipi: Siya kutenga pina
izonka, ukuze batye aba? 6 (Kuloko wa-
yesitsho emlinga: ngokuba ebesazi yena
oko ebeza kukwenza.) 7 Wati u-Filipi
ukumpendula: Izonka ezimelwa zidenari
zimakulu mabini azibanele, ukuze bonke
ngabanye batabate intwana. 8 Wati kuye
omnye wabadisipile bake, u-Andreya
umninawe ka-Simone Petrosi: 9 Kuko
umfana apa, onezonka zeralasi zihlanu
nenklanzi zimbini; koko ezi ziyinto nina
pakati kwabaninzi kangaka? 10 Waza
wati u-Yesu: Yenzani abantu bahlale
pantsi. Kekaloku bekuko utyani obuninzi
kulondawo. Andula ahlala pantsi ama-
doda, anga angamawaka mahlanu inani
lawo. 11 Waza u-Yesu wazitabata izonka,
wati akuba ebebulele wababela abadisi-
pile, nabadisipile *bababela* abo babehleli
pantsi; bonje njalo nangenklanzi njengo-
kutanda kwabo. 12 Xeshekweni ke bebe-
hluti, wati kubadisipile bake: Butani ama-
qezu aseleyo, ukuze kungalahleki 'nto.
13 Babuta ke, bazalisa izitya zalishumi
linazibini ngamaqezu kwezozonka zeralasi
zozihlanu, abesele kubo ababedhlile.

14 Bandula abantu abo, bakubona um-
mangaliso abewenzile u-Yesu, bati: Lo
unguye ngennyaniso umprofite ozayo eli-
zweni. 15 Wati ngoko u-Yesu, esazi
ukuba bebeya kuza bamsuse ngamandhla,
ukuze bamenze ukumkani, wabuya we-
mkela entabeni yena ngokwake yedwa.

16 Kwati kwakuba kuhlwile, behla
abadisipile bake baya elwandhle, 17 ba-
ngena ennqanaweni, bahamba bewela
ulwandhle ngase-Kapenayume. Kwabese-
kumnyama ke, waye u-Yesu ebengekafi-
kile kubo. 18 Kanjalo ulwandhle belusi-
lwa, ummoya omkulu uquta nje. 19 Kwa-
ndul' ukuti, bakuba bebeqùbile ngemipini
izitadiya zanga zimashumi mabini anazi-
hlanu umhlaumbi zimashumi matatu, ba-
bona u-Yesu ehamba pezu kwolwandhle,
esiza kufupi nennqanawa: basuka boyika.
20 Kodwa wati kubo: Ndimi, musani
kwoyika. 21 Bebetanda ngoko ukuma-
mkela ennqanaweni; yaza kwa oko innqa-
nawa yabako ngakulomhlaba abebehambela
kuwo.

22 Ngomnye umhla, isihlwele esibe
simi pesheya kwolwandhle, sakubona
ukuba bekungeko kona omnye umkombe,
bekuko lowo bangena kuwo abadisipile
bake kwapela, nokuba u-Yesu akaya
kunye nabadisipile bake emkonjeni lowo,
koko abadisipile bake bemkayo bodwa;
23 (kodwa noko yeza eminye imikombe
ivela e-Tiberiyasi, kufupi nalondawo apo
batya isonka kona, yakuba ibibulele
INKOSI;) 24 xeshekweni ngoko sabona isi-
hlwele ukuba u-Yesu akako kona, kwa
nabadisipile bake, bangena nabo ezinnqa-
naweni, beza e-Kapenayume, bemfuna u-
Yesu.

25 Baza bakumfumana pesheya kwolwa-
ndhle bati kuye: Rabi! ufike ninina
apa? 26 Wabapendula u-Yesu wati:
Ngokwennene, ngokwennene, nditi kuni:
Niyandifuna, kungengokuba nabona imi-
mangaliso, kungokuba nibe nisitya kwe-
zozonka, nahluta nokuhluta. 27 Ninga-
sebenzeli okokutya okutshabalalayo, koko
*sebenzelani* okokutya okuhlalayo kude kube
bubomi obungunapakade, eniya kupiwa
kona ngunyana wesintu: ngokuba lo UYISE
wamncamatiselayo, kwa UTIXO.

28 Bandula bati kuye: Siya kwenza
'nto nina, ukuze sisebenze imisebenzi KA-
TIXO? 29 Wapendula u-Yesu wati kubo:
Nguwo lo umsebenzi KATIXO, wokuba ni-
kolwe kulowo watunywayo nguye.

30 Bati ngoko kuye: Ngumqondiso
'mnina uwenzayo wena pofu, ukuze sibone
sikolwe kuwe? yinto nina uyisebenzayo?
31 Obawo betu batya imana enklango;
njengokuba kubàliwe *ngokuti:* Wabanika
isonka sivela ezulwini ukuba batye.

32 Wati ngoko kubo u-Yesu: Ngo-
kwennene, ngokwennene, nditi kuni: Asi
ngu-Mosesi oninikileyo esosonka sivela
ezulwini; NGUBAWO oninikayo esosonka
sivela ezulwini esiyinnyaniso. 33 Ngo-
kuba isonka SIKATIXO seso sihlayo ezulwini,
esinika ubomi elizweni. 34 Bandula bati
kuye: Nkosi! sipe isonka esi kubo nga-
maxesha onke.

35 Waza wati kubo u-Yesu: Mina ndi-
siso isonka sobomi: ozayo kumi, akasayi
kuti alambe; nokolwayo kumi, akasayi
kuti anxanwe napakade. 36 Koko nda-
tshoyo kuni ukuti senindibonile, kanti
anikolwa. 37 Konke endikupiwa NGUBAWO,



University of Fort Hare

kuya kuza kumi; nalowo uzayo kumi
andisayi kumlahla. 38 Ngokuba ndihlile
ezulwini, kungekukuba ndiyenze intando
yami, kukuba *ndiyenze* intando yalowo
wanditumayo. 39 Yiyo ke le intando
KABAWO owanditumayo, yokuba konke endi-
kupiwe nguye ndingalahlekani nanto kuko,
nditi ndikuvuse ngomhla wokupela. 40
Yiyo ke le intando yalowo wanditumayo,
yokuba lowo usukuba embona UNYANA,
ekolwa nokukolwa kuye, abe nobomi
obungunapakade, nokuba ndimvuse mina
ngomhla wokupela.
41 Andula arora ama-Juda ngaye, kuba
ebete: Mina ndisiso isonka esehlayo ezu-
lwini. 42 Aza ati: Lo asi nguye na u-
Yesu unyana ka-Josefe, osibaziyo uyise
nonina? kuyinina pofu ukuba uti lo:
Ndihlile ezulwini?
43 Wapendula ngoko u-Yesu wati kuwo:
Ningarori pakati kwenu. 44 Akuko 'mntu
ongezayo kumi, xeshekweni UBAWO
owanditumayo angamtsali; ndandiya kuti
mina ndimvuse ngomhla wokupela. 45
Kubàliwe ebaprofiteni *ukuti:* Boba bonke
befundiswa NGUTIXO. Ngako osukuba evile
KUBAWO, wafunda nokufunda, uyeza kumi.
46 Anditsho ukuba kuko ombonileyo
UBAWO; lowo uvela KUTIXO, nguye lo
ombonileyo UYISE kupela.
47 Ngokwennene, ngokwennene, nditi
kuni: Okolwayo kumi, uba nobomi obu-
ngunapakade. 48 Mina ndisiso isonka
sobomi. 49 Oyihlo benu batya imana
enklango, bafa nokufa. 50 Siso esi isonka
esihlayo ezulwini, sokuba umntu atye
kuso, angafi nokufa. 51 Mina ndisiso
isonka esipilileyo, eso sehlayo ezulwini:
ukuba umntu uyatya kuso esisonka, wodhla
ubomi kude kubo ngunapakade: nakanjalo
isonka endiya kusinika mina, siyiyo in-
nyama yami, endiya kuyinikela ubomi
belizwe.
52 Andula apikisana ama-Juda pakati
kwawo, esiti: Angati nina lo ukusinika
innyama *yake* siyitye?
53 Wati ngoko kuwo u-Yesu: Ngo-
kwennene, ngokwennene, nditi kuni: U-
kuba innyama yonyana wesintu aniyityi,
negazi lake aniliseli, aninabo ubomi kuni.
54 Oti innyama yami ayidhle, negazi lami
alisele, uba nobomi obungunapakade; nda-
ndiya kuti mina ndimvuse ngomhla woku-
pela. 55 Ngokuba innyama yami ikukutya
ngennyaniso, negazi lami likukusela ngen-
nyaniso. 56 Oti innyama yami ayidhle,
negazi lami alisele, uyahlala kumi, nami
*ndiyahlala* kuye. 57 Njengokuba UBAWO
opilileyo wanditumayo, nami ndipila nge-
tuba LIKABAWO; kwa njalo lowo udhlayo
mina, uya kupila naye ngetuba lami. 58
Siso esi isonka esehlayo ezulwini: kunge-
njengokuba oyihlo benu batya imana, bafa
nokufa: osidhlayo esisonka, uya kupila
kude kube ngunapakade.
59 Ezizinto waziteta endhlwini yenkla-
nganiso, efundisa e-Kapenayume.
60 Ngako abaninzi kubo abadisipile
bake, bakuva *oku*, bati: Esi isiteto silu-
kuni; singaviwa ngubanina? 61 Kodwa
u-Yesu esazi pakati kwake ukuba abadisi-
pile bake bayarora ngako oku, wati kubo:
Oku kunixakanisa na? 62 Pofu xeshe-
kweni nibona unyana wesintu enyukela
apo ebefudula ekona—? 63 Nguwo um-
moya owenza kudhliwe ubomi; yona
innyama ayincedi luto: lomazwi endiwa-
tetayo kuni mina, *ngawo* angummoya na-
bubomi. 64 Koko bako innxennye kuni
abangakolwayo. Ngokuba ebesazi u-Yesu
kwa sekuqaleni, ukuba bangobanina aba-
ngakolwayo, nokuba ungubanina oya
kumngcatsha. 65 Waza wati: Ngennxa
yoku nditshilo kuni ukuti: Akuko 'mntu
ongezayo kumi, xeshekweni kunganikwa-
nga kuye NGUBAWO.
66 Emveni kwoku abaninzi babadisipile
bake baya ngomva, ababi sahamba naye.
67 Wati ngoko u-Yesu kubo abalishumi
linababini: Nani niyafuna ukumka na?
68 Wandula wati u-Simone Petrosi
ukumpendula: Nkosi! siya kuya kubanina?
unawo amazwi obomi obungunapakade.
69 Kanjalo tina sikoliwe sazi nokwazi
ukuba wena unguye u-Krestu, unyana
KATIXO opilileyo. 70 Wati u-Yesu ukuba-
pendula: Andaninyula na nina 'balishumi
linababini? kanti kuni omnye ungoka-
Satane. 71 Wayesitsho ngo-Jude Sikari-
yoti *unyana* ka-Simone: ngokuba ebenguye
obeza kumngcatsha, engomnye kubo abali-
shumi linababini.

7 EMVENI kwezizinto ke wabehamba
u-Yesu e-Galili: ngokuba ebengavumi
ukuhamba e-Judeya, kuba ama-Juda ebe-
funa ukumbulala.
2 Kekaloku umtendeleko wama-Juda,
owamapempe, ubukufupi. 3 Bati ngoko
kuye abazalwana bako: Puma apa, uye



versity of Fort Hare

e-Judeya, ukuze abadisipile bako nabo ba-
kangele imisebenzi uyenzayo. 4 Ngokuba
kungeko 'mntu owenza into ngasese, nxa
afuna ukuba yena ngokwake abe nokwa-
zeka. Ukuba ezizinto uyazenza, zibona-
kalise kwilizwe. 5 Ngokuba nabazalwana
bake bebengakolwa kuye.

6 Wandula wati kubo u-Yesu: Elami
ixesha alikafiki; kodwa elenu ixesha lilu-
ngile futi. 7 Ilizwe alingetiye nina; ko-
dwa mina liyanditiya, ngokuba ndinqina
ngalo, ukuba imisebenzi yalo ikohlakele.
8 Nina nyukelani kuwo umtendeleko lo:
mina andikanyukeli kuwo umtendeleko
lo; ngokuba elami ixesha alikazalise-
kile.

9 Kekaloku akuba etshilo oku, wahlala
e-Galili. 10 Kodwa xeshekweni bebe-
nyuke abazalwana bake, wandula wenyuka
naye waya emtendelekweni, bekungeseku-
hleni, bekunjengokungati kungasese.

11 Abesiti ngoko ama-Juda amfuna
emtendelekweni, ati: Upina yena? 12
Kwaye kuko nokudumzela okuninzi ngaye
pakati kwezihlwele: babesiti ke imnxen-
nye: Ulungile; babesiti nabanye: Hai:
koko alahlekisa isihlwele. 13 Kodwa
noko bekungeko 'mntu obeteta ngaye
ekuhleni, ngenxa yokwoyika ama-Juda.

14 Kekaloku kwakuba kuse kupakati
kwomtendeleko, wati u-Yesu wenyukela
etempileni, wafundisa. 15 Aza ati nqa
ama-Juda, esiti: Ute nina lo ukwazi
ufundo, engafundanga nje?

16 Wawapendula u-Yesu, wati: Imfu-
ndiso yami asi yeyami, yeyalowo wandi-
tumayo. 17 Ukuba umntu uyavuma uku-
yenza intando yake, uya kwazi ngayo
imfundiso *yami*, ukuba ivela KUTIXO, ukuba
nditeta ngokwami, kusinina. 18 Otetayo
ngokwake, uyafuna obake ubungcwalisa;
kodwa obufuna ubungcwalisa balowo
wamtumayo, yena lo uyinnene, kungeko
ukungalungi kuye. 19 U-Mosesi akanini-
kanga umteto na? kanti akuko namnye
kuni owenzayo umteto. Yinina ukuba
nifuna ukundibulala?

20 Sapendula isihlwele sati: Unede-
moni; ngubanina ofunayo ukukubulala?

21 Wapendula u-Yesu wati kubo: Nda-
wenza umsebenzi wamnye, nani niti nqa
nonke. 22 Ngenxa yoku u-Mosesi uni-
nikile ulwaluko, kungekukuba luvela ku-
Mosesi, kukuba luvela koyihlo; nani niti
ngemmini yesabata nimaluse umntu.
23 Ukuba ukwaluka umntu uyakwamkela
ngemmini yesabata, ukuze kungapulwa
umteto ka-Mosesi; nindiqumbele na, ngo-
kuba ndimpilisile umntu *umzimba* wonke
ngemmini yesabata? 24 Ningagwebi
ngokubonakalayo, koko ukugweba okulu-
ngileyo kugwebeni.

25 Bandula bati innxennye yabase-
Yerusaleme: Asi nguye na lo, abafuna
ukumbulala? 26 Kanti nanku eteta ngo-
kukalipa, bengati luto kuye noko. Kanene
abapati baqinisile ukwazi na ukuba lo
unguye u-Krestu ngennyaniso? 27 Koko
lo simazi ukuba uvela pina; kodwa u-
Krestu okuya afikayo, akuko 'mntu owa-
ziyo ukuba uvela pina.

28 Wandula wadanduluka u-Yesu, efu-
ndisa etempileni, esiti nokuti: Ewe mina
niyandazi, nokuba ndivela pina niyakwazi;
kanti andizanga ngokwami, koko owandi-
tumayo uyinnyaniso, eniti nina ningamazi.
29 Kodwa ndiyamazi mina; ngokuba
ndivela kuye, kanjalo yena wandituma.

30 Babefuna ngoko ukumbamba: kanti
bekungeko 'mntu owabeka isandhla pezu
kwake, ngokuba ixeshana lake belingeka-
fikanga. 31 Kodwa abaninzi basesihlwe-
leni bakolwa kuye, bati: u-Krestu okuya
afikayo, woka ayenze na imimangaliso emi-
ninzi kulé ayenzileyo lo? 32 Bati abafa-
risi beva isihlwele sidumzela ezizinto
ngaye: baza abafarisi nabaperisite abakulu
batuma amadindili, ukuze ambambe.

33 Wandula wati kubo u-Yesu: Lixesha
elincinane endisenani ngalo, ndize ndiye
kulowo wanditumayo. 34 Niya kundifuna,
kanti aniyi ku*ndi*fumana; nalapo ndikoyo
mina, aningeze nina kona.

35 Andula ati ama-Juda pakati kwawo:
Lo uza kuya pina, ukuba asiyi kumfuma-
na? uza kuti na aye kwabacitakeleyo
pakati kwama-Girike, awafundise ama-
Girike nje? 36 Lelanina eli ilizwi wali-
tshoyo ukuti: Niya kundifuna, kanti aniyi
ku*ndi*fumana; nalapo ndikoyo mina, ani-
ngeze nina kona?

37 Kekaloku ngomhla wokupela, ongom-
kulu womtendeleko, wema u-Yesu, wa-
danduluka esiti: Ukuba uti umntu anxa-
nwe, makeze kumi, asele. 38 Okolwayo
kumi, njengokuba sisitsho isibàlo, imilambo
yamanzi apilileyo iya kwela kwa sembilini
wake. 39 (Kodwa oku wakutsho NGOMOYA,
abebeza kumamkela abakolwayo kuye:
ngokuba umoya oyingcwele ebengekabiko,



University of Fort Hare

kuba u-Yesu ebengekenzelwe ubungewa-
lisa.)
40 Babesiti ngoko abaninzi basesihlwe-
leni, bakuva isiteto eso: Ngennyaniso lo
ungumprofite lowo. 41 Babesiti abanye:
Lo unguye u-Krestu. Kodwa babesiti
abanye: Pofu u-Krestu uvela e-Galili na?
42 Asitshilo na isibàlo ukuti, u-Krestu
uvela kwinzalo ka-Davide, nase-Betelehe-
me, emzini apo u-Davide ebekona? 43
Kwabako ngoko impambano pakati kwesi-
hlwele ngennxa yake. 44 Babefuna ke
innxennye kubo ukumbamba; koko beku-
ngeko 'mntu owabeka izandhla pezu
kwake.
45 Andula eza amadindili lawo kubo
abaperisite abakulu nabafarisi; abati kuwo
bona: Kunganina ukuba animzisanga?
46 Ati amadindili ukupendula: Akuzanga
kutete njalo umntu, njengokuba *etete* lo-
mntu. 47 Bandula bati abafarisi ukuwa-
pendula: Nikohlisiwe nani na? 48 kuko
na owakubapati okoliweyo kuye, umhla-
umbi owakubafarisi? 49 koko isihlwele
esi, esingawaziyo umteto, siqalekisiwe.
50 Wati u-Nikodemo kubo: (lowo we-
zayo ngobusuku kuye, engomnye wakubo:)
51 Umteto wetu uyagweba umntu na,
ukuba awuti tanci uve kuye, uqonde into
ayenzayo? 52 Bapendula bati kuye: U-
ngowase-Galili nawe na? pengulula, ubone
ukuba akuvukanga 'mprofite e-Galili.
53 Baza bati bonke ngabanye baya
ezindhlwini zabo.

8 Kodwa u-Yesu waya entabeni yemi-
nquma.
2 Kekaloku kusasa wabuya wafika ete-
mpileni, bati bonke abantu beza kuye;
waza wahlala pantsi, wabafundisa.
3 Kekaloku ababàli nabafarisi bazisa
kuye umfazi ebanjiwe ekurexezeni; baza
bakuba bemmisile pakati, 4 bati kuye:
Mfundisi! lomfazi watiwa xafu erexeza:
5 kekaloku emtetweni u-Mosesi wasiyalela
ukuba abanjalo bagityiselwe ngamatye;
wena pofu uti nina? 6 Babesitsho bem-
linga, ukuze babe nako ukumnika ityala.
Kodwa u-Yesu watoba pantsi, wabàla
ngomnwe emhlabeni. 7 Koko xeshekweni
bebemana bembuza, wazipakamisa, wati
kubo: Ongenasono pakati kwenu, makabe
nguye oqala ukuposa ilitye ngakuye. 8
Waza wabuya watoba pantsi, wabàla
emhlabeni. 9 Kodwa bona bevile nje,
benqìniselwa luvalo *lwabo* kanjalo, bapuma
omnye ngomnye, beqala kubo abadala,
kwada kwaba ngabokupela: waza u-Yesu
washiywa yedwa, nomfazi emi pakati. 10
Kekaloku akuba ezipakamisile u-Yesu,
engaboni 'mntu kupela umfazi lowo, wati
kuye: Mfazi! bapina abo abakunika itya-
la? akuko namnye owakugweba na? 11
Wati ke yena: Namnye, Nkosi! Wayesiti
u-Yesu kuye: Nami andikugwebi; hamba,
ungabi sona.
12 Wandula u-Yesu wabuya wateta ku-
bo, esiti: Mina ndilulo ukanyiso lwelizwe:
lowo undilandelayo akasayi kuhamba ebu-
mnyameni, koko aya kuba nalo ukanyiso
lwobomi.
13 Bati ngoko kuye abafarisi: Uyazi-
nqìnela ngokwako; ubunqìna bako abu-
yinnene.
14 Wapendula u-Yesu wati kubo: Na-
kuba ndizinqìnela ngokwami, buyinnene
ubunqìna bami; ngokuba ndisazi apo nda-
vela kona, nalapo ndiya kona: kodwa nina
anazi apo ndivela kona, nalapo ndiya kona.
15 Niyagweba nina ngokwennyama; andi-
gwebi 'mntu mina. 16 Kodwa noko
ndigwebayo mina, ukugweba kwami ku-
yinnene; ngokuba ndingendedwa, ndimi
NOBAWO owanditumayo. 17 Kanjalo ku-
bàliwe nasemtetweni wenu, ukuba ubu-
nqìna babantu ababini buyinnene. 18
Mina ndingozinqìnela ngokwami, kanjalo
uyanqìna ngami UBAWO owanditumayo.
19 Babesiti ngoko kuye: Upina UYIHLO
wako? Wati u-Yesu ukupendula: Ani-
ndazi mina, ani*mazi* NOBAWO kanjako:
ukuba nibe nindazi mina, ngeniba nimazi
NOBAWO.
20 Lamazwi wawateta u-Yesu endaweni
yendyebo, efundisa etempileni: kanti
bekungeko 'mntu owambambayo; ngokuba
belingekafikanga ixeshana lake.
21 Wandula u-Yesu wabuya wati kubo:
Mina ndiyemka, naniya kundifuna, kanti
niya kufa esonweni senu: apo ndiya kona,
aningeze nina.
22 Abesiti ngoko ama-Juda: Wozibulala
yinina? ukuba esiti: Apo ndiya kona, ani-
ngeze nina.
23 Waza wati kuwo: Nina nivela nga-
pantsi, mina ndivela pezulu; nina ninga-
bakulo ilizwe eli, mina andingowakulo
ilizwe eli. 24 Ndatsho ngoko kuni ukuti,
niya kufa ezonweni zenu: ngokuba xeshe-
kweni ningakolwayo ukuba ndinguye, niya
kufa ezonweni zenu.



University of Fort Hare

25 Andula ati kuye : Ungubanina wena ?
Waza wati kuwo u-Yesu : Ndikoko sendi-
sitsho kuni ukuba ndikuko kutabata eku-
qaleni. 26 Ndinezinto ezininzi zoku-
teta nokugweba ngani : koko owanditu-
mayo uyinnene, nami izinto endazivayo
kuye, ezi ndiyaziteta kwilizwe. 27 Aka-
qonda ukuba ebeteta kubo ngaye UYISE.
28 Wandula wati kuwo u-Yesu : Xeshe-
kweni nimpakamisile unyana wesintu, oko
niya kwazi ukuba ndinguye, nokuba ande-
nzi 'nto ngokwami, koko nditi, njengokuba
bendifundiswo NGUBAWO, ndizitete njalo
ezizinto. 29 Kanjalo lowo wanditumayo
uko nami : UBAWO akandishiyanga ndedwa,
kuba ndizenza ngamaxesha onke ezozinto
zikolekileyo kuye.
30 Nxa abeteta ezizinto abaninzi ba-
kolwa kuye. 31 Wabesiti ngoko u-Yesu
kuma-Juda lawo abekoliwe nguye : Xeshe-
kweni nihlala elizwini lami, ningaba-
disipile bami ngennyaniso ; 32 naniya
kuyazi innyaniso, iti yona innyaniso ini-
kululekise.
33 Ati ukumpendula : Siyinzalo ka-
Abrahame, asizanga sibe sebukobokeni
kumntu nakanye : uti nina wena ukuti :
Niya kwenziwa nikululekile.
34 Wati u-Yesu ukuwapendula : Ngo-
kwennene, ngokwennene, nditi kuni :
Osukuba esenza isono, ulikoboka lesono.
35 Olikoboka akahlali endhlwini ngo-
napakade ; nguye unyana ohlalayo ngona-
pakade. 36 Xeshekweni ngoko UNYANA
anikululekisayo, noba nikululekile ngo-
kwennyaniso. 37 Ndiyazi ukuba niyin-
zalo ka-Abrahame ; niyafuna ukundibu-
lala noko, kuba ilizwi lami lingafumani
indawo kuni. 38 Mina ndiyateta oko ndi-
kuboniloyo KUBAWO wami ; nani kwa njalo
niyakwenza oko nikuboniloyo kuyihlo
wenu.
39 Apendula ati kuye : Ubawo wetu
ungu-Abrahame.
Wati kuwo u-Yesu : Ukuba nibe nilu-
sapo luka-Abrahame, ngeniba niyenza imi-
sebenzi ka-Abrahame. 40 Kodwa ngoku
niyafuna ukundibulala, umntu oyitetileyo
kuni innyaniso, leyo ndayivayo KUTIXO :
oku akakwenza u-Abrahame. 41 Nina
niyayenza imisebenzi yoyihlo wenu.
Andula ati kuye : Asizelwo tina ngom-
bulo : sinobawo emnye, UTIXO.
42 Wandula wati kuwo u-Yesu : Ukuba
UTIXO ebenguyihlo wenu, ngeniba nitanda
mina : ngokuba ndapuma ndavela KUTIXO ;
ngokuba kanjako ndingezanga ngokwami,
nguye lowo owanditumayo. 43 Kunga-
nina ukuba ningaqondi ukuteta kwami ?
kukuba ningelive ilizwi lami. 44 Nina
ningabakuye uyihlo u-Satane, nenkanuko
zoyihlo wenu niyatanda ukuzenza. Yena
lowo ebengumbulali kwa sekuqaleni, enge-
manga ennyanisweni ke, kuba kungeko
'nnyaniso kuye. Nxa ateta ubuxoki, uya-
teta kokukokwake ; ngokuba elixoki, no-
yise wabo. 45 Kodwa mina ngokuba ndi-
yiteta innyaniso, anikolwa kumi. 46 Ngu-
banina kuni ondivisa ityala ngesono ?
Kodwa ukuba ndiyateta innyaniso, kunga-
nina ukuba ningakolwa kumi ? 47 Lowo
ungowakuye UTIXO uyaweva amazwi KA-
TIXO : ngennxa yoku aniweva nina, ukuba
ningengabakuye UTIXO.
48 Andula apendula ama-Juda, ati ku-
ye : Asilungisi ukutsho na, ukuba ungum-
Samariya wena, nokuba unedemoni ?
49 Wati u-Yesu ukupendula : Andina-
demoni ; koko ndibeka UBAWO, nani nidela
mina. 50 Kodwa andibufuni ubungcwa-
lisa bami ; kuko oti afune agwebe. 51
Ngokwennene, ngokwennene, nditi kuni :
Xeshekweni umntu aligcina ilizwi lami,
akasayi kubona ukufa napakade.
52 Andula ati kuye ama-Juda : Kaloku
siyazi ukuba unedemoni. U-Abrahame
wafa, kwa nabaprofite ; kanti wena uti :
Xeshekweni umntu aligcina ilizwi lami,
akasayi kuva ukufa napakade. 53 Umkulu
wena yinina kubawo wetu u-Abrahame,
owafayo ? kanjalo abaprofite bafa : uyaze-
nza 'banina wena ?
54 Wati u-Yesu ukupendula : Ukuba
ndiyazenzela ubungcwalisa mina ngokwa-
mi, ubungcwalisa bami abuluto : NGUBAWO
ondenzela ubungcwalisa, eniti nina ngaye
UNGUTIXO wenu. 55 Kanti animazanga
yena ; kodwa mina ndiyamazi : nokuba
nditsho ukuti andimazi, ndoba lixoki nje-
ngani : koko ndimaziyo, nelizwi lake ndi-
yaligcina. 56 U-Abrahame uyihlo wenu
wagcoba ukuba abe nokubona umhla
wami ; wawubona ke, wavuya nokuvuya.
57 Andula ati ama-Juda kuye : Akukabi
yiminyaka imashumi mahlanu ubudala
bako, no-Abrahame umbonile nje na ?
58 Wati kuwo u-Yesu : Ngokwennene,
ngokwennene, nditi kuni : Engekabangako
u-Abrahame, ndiko mina.
59 Andula acola amatye ukuba amgibi-



University of Fort Hare

sele: kodwa u-Yesu wafihleka, wapuma
etempileni, ecanda pakati kwawo, wa-
dhlula njalo ke.

9 WATI akuba ebedhlula wabona umntu
obeyimfama ngokuzalwa. 2 Baza ba-
buza kuye abadisipile bake, besiti: Rabi!
ngubanina owabesona, nguye lo, ngabazali
bake, kusinina, ukuba abe nokuzalwa
eyimfama? 3 Wati u-Yesu ukupendula:
Akona naló, abona nabazali bake; kukuba
kubonakaliswe imisebenzi KATIXO kuye.
4 Ndifanele ukusebenza imisebenzi yalowo
wanditumayo, nxa immini iseko; buyeza
ubusuku, oko kungesetyenzwe 'mntu. 5
Xeshekweni ndiselizweni, ndilukanyiso
lwelizwe.

6 Akuba ebetshilo oku, watshica em-
hlabeni, wenza udaka ngamate, watambisa
amehlo oyimfama ngodaka olo, 7 wati
kuye: Hamba uhlambe ecibini le-Siloha;
(okuti ukukunyushwa lelitunyiweyo.)
Waya ngoko wahlamba, weza ebona.

8 Ngako imimelwane, nabo babefudula
bembona ukuba uyimfama, babesiti: Lo
asi nguye na oti ahlale anqibe? 9 Bati
abanye: Nguye: *bati* nabanye: Ufana
naye. Wati yena: Ndinguye. 10 Bati
ngoko kuye: Atiwa nina ukuvulwa amehlo
ako? 11 Wapendula yena wati: Umntu
o-kutwa ngu-Yesu wenza udaka, wata-
mbisa amehlo ami, wati kumi: Hamba
uye ecibini le-Siloha, uhlambe. Ndaya ke
ndahlamba, ndamkela ukubona. 12 Ba-
ndula bati kuye: Upina yena? Wati:
Andazi.

13 Bamzisa kubafarisi lowo ubefuda
eyimfama. 14 Kekaloku bekuyimmini
yesabata oko u-Yesu wenzayo udaka olo,
wavula amehlo ake. 15 Ngako kanjako
babuza kuye nabafarisi ukuba watiwa
nina ukwamkela ukubona. Wayesiti ku-
bo: Wabeka udaka pezu kwamehlo ami,
ndaza ndahlamba, ndiyabona ke. 16 Bati
ngoko innxenye kubafarisi: Lomntu aka-
veli KUTIXO, ngokuba engageini immini
yesabata. Bati abanye: Angati nina umntu
ongumoni ukwenza imimangaliso engaka-
nana? Kwaza kwabako impambano pakati
kwabo. 17 Bati kobeyimfama kanjako:
Uti nina wena ngaye, evulile amehlo ako
nje? Wayesiti: Ungumprofite.

18 Ati kekaloku ama-Juda akakolwa
ngaye ukuba ebeyimfama waza wamkela
ukubona, ada abiza abazali balowo obe-
kwamkele ukubona. 19 Aza abuza kubo,
esiti: Lo ngunyana wenu na, eniti wazalwa
eyimfama? ute nina pofu ukubona ngoku?
20 Bapendula kuwo abazali bake bati:
Siyazi ukuba lo ngunyana wetu, nokuba
wazalwa eyimfama: 21 kodwa ukuba ute
nina ukubona kaloku, asikwazi; nokuba
ngubanina owavula amehlo ake, asimazi
tina: usel' ekulile yena; buzani kuye;
wozitetela ngokwake.

22 Batsho abazali bake, kuba bebesoyika
ama-Juda: ngokuba ama-Juda ebesel' evu-
melene, ukuba, xeshekweni umntu amvu-
mayo ukuba ungu-Krestu, makakutshwe
enklanganisweni. 23 Ngako oko abazali
bake bati: Usel' ekulile; buzani kuye.

24 Bandula bambiza ngokwesibini lo-
wamntu obeyimfama, bati kuye: Mnike
udumo UTIXO; siyazi tina ukuba umntu lo
ungumoni. 25 Wandula wapendula yena
lowo wati: Ukuba ungumoni na, andi-
kwazi; innye into endiyaziyo, yokuba,
ndiyimfama nje, kaloku ndiyabona.

26 Baza bati kuye kanjako: Wenza 'nto
nina kuwe? wati nina ukuvula amehlo
ako? 27 Wati ukubapendula: Sendinixe-
lele, kanti anivanga; yinina ukuba nifune
ukuva kanjako? kanene nani nifuna ukuba
ngabadisipile bake na?

28 Bandula bamtuka, bati: Wena ungum-
disipile walowa; tina kodwa singabadi-
sipile baka-Mosesi. 29 Siyazi tina ukuba
UTIXO utetile ku-Mosesi; kodwa lo asimazi
ukuba uvela pina. 30 Wapendula umntu
lowo wati kubo: Pofu lento ingummanga-
liso okunene, yokuba nina animazi ukuba
uvela pina, noko wavulayo amehlo ami.
31 Kekaloku siyazi ukuba aboni UTIXO
akabeva; kodwa akuba umntu engumbede-
shi KATIXO, esenza nentando yake, yena lo
uyamva. 32 Akuzanga kuviwe kwa na-
pakade ukuba bekuko owavula amehlo
obezelwe eyimfama. 33 Ukuba lo ebe-
ngaveli KUTIXO, ebengenze luto. 34 Ba-
pendula bati kuye: Wena uzelwe upela
ezonweni nje, uyasifundisa tina na ke?
Baza bamkupela pandhle.

35 Weva u-Yesu ukuba bebemkupele
pandhle: waza akumfumana wati kuye:
Uyakolwa kunyana KATIXO na? 36 Wape-
ndula yena wati: Ungubanina, Nkosi!
ukuze ndikolwe kuye? 37 Wati ke u-
Yesu kuye: Umbonile kambe, kanjalo lo
uteta nawe unguye. 38 Wayesiti: Ndiya-
kolwa, Nkosi! wambedesha ke.



University of Fort Hare

39 Waza wati u-Yesu: Ndeza kwelili-
zwe kube kukugwetywa, ukuze abo ba-
ngaboniyo babone, nabo babonayo benzwe
imfama.
40 Baza abo bakubafarisi abebenaye
beva ezizinto, bati kuye: Nati sizimfama
na? 41 Wati kubo u-Yesu: Ukuba nibe
nizimfama, ngeniba ningenasono; kodwa
kaloku niti: Siyabona; ngoko isono senu
siseko.
10 Ngokwennene, ngokwennene, nditi
kuni: Lowo ungangeniyo ngesango
esibayeni sezimvu, koko ekwela ngayimbi
indawo, oyena ulisela nebada. 2 Kodwa
lowo ungenayo ngesango, ungumalusi we-
zimvu. 3 Lo umgcinisango uyamvulela;
nelizwi lake izimvu ziyaliva: nezake
izimvu uyazibiza ngegama ngegama, azi-
kokele pandhle. 4 Naxeshekweni aziku-
payo ezake izimvu, uyahamba pambi
kwazo; ziti izimvu zimlandele, ngokuba
zilazi ilizwi lake. 5 Kodwa owasemzini
azisayi kumlandela, koko ziya kubaleka
kuye; ngokuba zingalazi ilizwi labasem-
zini.
6 Lomzekeliso u-Yesu wawuteta kubo:
kodwa bona abaqonda ukuba zibe zisiti
nina ezozinto wabeziteta kubo.
7 Wati ngoko u-Yesu kubo kanjako:
Ngokwennene, ngokwennene, nditi kuni:
Mina ndililo isango lezimvu. 8 Bonke
abo abezayo ndingekabiko mina, bangama-
sela namabada: koko izimvu zingabeva-
nga. 9 Mina ndililo isango: xeshekweni
umntu angena ngami, uya kusindiswa;
waeya kungena apume nokupuma, afumane
nedhlelo. 10 Olisela uyeza ukuba ebè,
abulale, atshabalalise, kupela: ndeza mina
ukuba babe nobomi, nokuba babe nabo
ngobuninzi. 11 Mina ndinguye umalusi
olungileyo: ongumalusi olungileyo ubomi
bake uyabubeka pantsi ngennxa yazo
izimvu. 12 Kodwa ongumqeshwa, enge-
ngumalusi nje, lowo izimvu zingezezake,
uyayibona inncuka isiza, azishiye izimvu,
abaleke; ize iti inncuka iziqwenge, izicite
izimvu. 13 Kekaloku ongumqeshwa uya-
baleka, ngokuba engumqeshwa, engayika-
taleli izimvu ke. 14 Mina ndinguye uma-
lusi olungileyo; nezami *izimvu* ndiyazazi,
kanjalo ndiyaziwa zezami, 15 njengokuba
UBAWO endazi mina, nami ndimazi UBAWO;
nobomi bami ndiyabubeka pantsi ngennxa
yazo izimvu. 16 Nezinnye izimvu ndi-
nazo, ezingezezakuso isibaya esi; ezo nazo
ndifanele ukuzizisa, nelizwi lami ziya ku-
liva; kwakuya kubako umhlambi umnye,
*n*omalusi emnye. 17 Ngennxa yoku UBA-
WO uyanditanda, ukuba ndibubeka pantsi
ubomi bami, ukuze ndibuye ndibutabate.
18 Akuko 'mntu ondihluta bona, koko ndi-
bubeka pantsi ngokwami. Ndinegunya
lokuba ndibubeke pantsi, ndinegunya lo-
kuba ndibuye ndibutabate kanjalo. Lom-
yalelo ndawamkela KUBAWO.
19 Kwabako impambano ngoko kanjako
pakati kwama-Juda ngennxa yeziteto ezi.
20 Bati ke abaninzi kuwo: Unedemoni,
uyageza; yinina ukuba nimve? 21 Bati
abanye: Lamazwi akangawalowo ungene-
lwe yidemoni. Idemoni ingavula amehlo
abazimfama na?

22 KEKALOKU kwabako umtendeleko
wokutwasiswa e-Yerusaleme; bekububu-
sika kanjalo. 23 Waye u-Yesu ebehamba
entendelezweni ka-Solomone.
24 Andula ama-Juda amngqonga, ati
kuye: Uyasibamba sitandabuza kude kube
ninina? ukuba unguye u-Krestu, sixelele
ekuhleni.
25 Wati u-Yesu ukuwapendula: Ndani-
xelela, kanti anikolwa: imisebenzi endiye-
nzayo egameni LIKABAWO, yona le iyanqina
ngami: 26 kuloko nina ningakolwayo;
ngokuba ningezezakuzo izimvu zami,
njengokuba bendisitsho kuni. 27 Izimvu
zami ziyaliva ilizwi lami, ndiyazazi zona,
ziyandilandela mina: 28 ndiyazinika no-
bomi obungunapakade; azisayi kububa ke
napakade, akuyi kubako ozihlutayo esa-
ndhleni sami kanjako. 29 UBAWO oziniki-
leyo kumi, umkulu kubo bonke; akuko
namnye ongazihlutayo esandhleni SIKA-
BAWO. 30 Mina NOBAWO sibanye.
31 Andula ama-Juda abuya acola ama-
tye, ukuze amgibisele ngawo.
32 Wati u-Yesu ukuwapendula: Mini-
nzi imisebenzi elungileyo endinibonisileyo
ivela KUBAWO; kungennxa yawupina um-
sebenzi kuyo enindigibiselayo ngamatye?
33 Ampendula ama-Juda, esiti: Asikugi-
biseli ngamatye ngennxa yomsebenzi
olungileyo, kungennxa yokugxeka *u-Tixo;*
nangokuba wena, ungumntu nje, uzenza
UTIXO.
34 Wati u-Yesu ukuwapendula: Aku-
bàliwe na emtetweni wenu *ukutiwa:* Ndite:
Ningotixo? 35 Ukuba abo wati bango-
tixo, abo ilizwi LIKATIXO leza kubo;



University of Fort Hare

(nesibàlo asingetshitshiswe ;) 36 lowo
UYISE wamngcwalisayo wamtuma elizweni,
niti nina ngaye na: Uyagxeka *u-Tixo;*
ngokuba ndite: Ndingunyana KATIXO? 37
Ukuba andiyenzi imisebenzi KABAWO, ni-
ngakolwa ndimi: 38 kodwa ukuba ndiya-
yenza, nakuba ningakolwayo ndimi, ko-
lwani yimisebenzi leyo; ukuze nazi, niko-
lwe, ukuba UBAWO ukumi, nokuba mina
ndikuye.
39 Abefuna ngoko kanjako ukumba-
mba; kanti wapuma esandhleni sawo.
40 Waza wemka wabuya waya pesheya
kwe-Yoredane, kulondawo apo u-Johane
ebebapitizesha kona ekuqaleni; wahlala
kona ke. 41 Baza abaninzi beza kuye,
ababesiti: u-Johane okunene akenza nam-
nye ummangaliso; kodwa zonke ezozinto
wazitetayo u-Johane ngaye lo, zibe zi-
yinnene. 42 Baza bakolwa abaninzi kona
kuye.

11 KEKALOKU bekuko *umntu* otile obe-
sifa, u-Lazarusi, owase-Betaniya, owa-
kuwo umzi ka-Mariya no-Marita udade
wake. 2 Wayengu*lowa*-Mariya owayita-
mbisayo INKOSI ngamafuta 'mnandi, wazi-
sula innyawo zayo ngennwele zake, omni-
nawe u-Lazarusi ubesifa. 3 Batuma ngoko
odade *bake* kuyo, besiti: Nkosi! kangela,
lowo umtandayo uyafa.
4 Kodwa u-Yesu akuva *oko* wati: Esisifo
asisesokuba kube kukufa, singennxa yobu-
ngcwalisa BUKATIXO, ukuze unyana KATIXO
enzelwe ubungcwalisa ngaso.
5 Kekaloku u-Yesu watanda u-Marita,
nodade wake, no-Lazarusi. 6 Xeshekweni
ngoko weva ukuba uyafa, oko ke wahlala
kulondawo ubekuyo intsuku zambini. 7
Wandula emveni kwoku wati kubadisi-
pile *bake*: Masihambe siye e-Judeya kanja-
ko. 8 Bati kuye abadisipile: Rabi! esand'
ukufuna ama-Juda ukukugibisela ngamatye
nje, ubuye uye kona na? 9 Wati u-Yesu
ukupendula: Akuko iyure ezilishumi li-
nambini emmini 'nnye na? Xeshekweni
umntu ahamba emmini, akakùbeki, kuba
ukukanya kwelizwe eli ekubona: 10 kodwa
xeshekweni umntu ahamba ebusuku, uya-
kùbeka, kuba ukukanya kungeko kuye.
11 Watsho ke; waza emveni kwoku
wati kubo: Umhlobo wetu u-Lazarusi u-
lele; koko ndiya ukuze ndimvuse. 12 Ba-
ndula bati abadisipile bake: Nkosi! ukuba
ulele, uya kupila. 13 Kodwa u-Yesu
ebetetile ngako ukufa kwake; kanti bona
baba uyateta ngako ukulala kwobutongo.
14 Wandula u-Yesu ngoko wati kubo
ekuhleni: u-Lazarusi ufile; 15 kanjalo
ndiyavuya ngennxa yenu ukuba ndibe
ndingeko kona, ukuze nikolwe; noko ma-
sihambe siye kuye.
16 Wandula u-Tomasi, o-kutiwa ngu-
Didimusi, wati kubo abebengabadisipile
naye: Masihambe siye nati, ukuze sife
kwa naye.
17 Wati ngoko u-Yesu akufika, wafu-
mana ukuba ebesel' eko encwabeni intsuku
zanne.
18 Kekaloku i-Betaniya ibikufupi ne-
Yerusaleme, ingaba zizitadiya ezilishumi
linazihlanu ukuba kude kwayo. 19 Baye
abaninzi bakuma-Juda bebefikile ku-Marita
no-Mariya, ukuze babakùze ngaye umni-
nawe wabo. 20 Wandula u-Marita, akuva
ukuba u-Yesu uyeza, waya wamhlanga-
beza: kodwa u-Mariya ebehleli endhlwini.
21 Wandula wati u-Marita ku-Yesu:
Nkosi! ukuba ubulapa, umninawe wami
ngeengafanga. 22 Noko kwa kaloku ndi-
yazi ukuba oko usukuba ucela kona KUTIXO,
UTIXO wokunika kuwe. 23 Wati u-Yesu
kuye: Umninawe wako wobuya avuke.
24 Wati u-Marita kuye: Ndiyazi ukuba
wobuya avuke eluvukweni ngomhla wo-
kupela. 25 Watsho u-Yesu kuye ukuti:
Mina ndilulo uvuko, ndibubo ubomi:
okolwayo kumi, nakuba afayo, uya kudhla
ubomi; 26 nosukuba esidhla ubomi eko-
lwa kumi, akasayi kufa napakade. Uyako-
lwa kuko oku na? 27 Wati kuye: Ewe,
Nkosi! ndikoliwe ukuba wena unguye u-
Krestu, unyana KATIXO, ozayo elizweni.
28 Waza akuba ebetshilo wemka, waya
wabiza u-Mariya udade wake ngasese, esi-
ti: Umfundisi ufikile, uyakubiza wena.
29 Wati yena akuva, wesuka 'msinya,
waya kuye. 30 (Kekaloku u-Yesu ebenge-
kangenanga emzini, koko ebekulondawo
apo u-Marita wamhlangabeza kona.) 31
Andula ati ama-Juda abenaye endhlwini,
abemkùza ke, akubona u-Mariya ukuba
wesuka ngobunxamo wapuma, amlandela,
esiti: Uya encwabeni, ukuze alile kona.
32 Wandula u-Mariya, akufika apo u-
Yesu ebekona, wambona, wawa pantsi
ngasezinnyaweni zake, esiti kuye: Nkosi!
ukuba ubulapa, ngeengafanga umninawe
wami. 33 Wandula u-Yesu, akumbona
yena elila, nama-Juda abezile naye elila,



University of Fort Hare

wavuswa kakulu emmoyeni, wazikataza,
34 wati: Nimbekile pina? Bati kuye:
Nkosi! yiza ubone. 35 Walila innyembezi
u-Yesu. 36 Abesiti ngoko ama-Juda:
Kangela, bekukukulu kangakanana ukum-
tanda kwake! 37 Kodwa innxennye kuwo
ati: Lo ke owavula amehlo oyimfama,
ange engenzanga na nokuba lo angafi?
38 Wandula u-Yesu, evuswa kakulu
kanjako pakati kwake, weza encwabeni.
Belingumqolomba ke; kanjalo ilitye beli-
lele ngakuwo. 39 Wati u-Yesu: Susani
ilitye: Wati kuye u-Marita, udade wofi-
leyo: Nkosi! usel' enuka; ngokuba ku-
ntsuku zinne *efile*. 40 Wati u-Yesu kuye:
Andatsho kuwe na ukuti: Xeshekweni
ukolwayo, uya kubona ubungewalisa
BUKATIXO? 41 Bandula basusa ilitye, apo
ofileyo ebelele kona.
Waza u-Yesu wapakamisa amehlo nga-
pezulu, wati: Bawo! ndiyakubulela ukuba
undivile. 42 Kodwa bendisazi ukuba
uyandiva ngamaxesha onke: koko ngennxa
yesihlwele esimiyo apa nditshilo, ukuze
bakolwe ukuba unditumile wena. 43 Waza
akuba ebetshilo wadanduluka ngelizwi
elikulu, *esiti:* Lazarusi, puma! 44 Waza
wapuma ofileyo, ebotshiwe izandhla nen-
nyawo ngezibopo zokuncwaba: kanjalo
ubuso bako bebubotshelwe ngeqiya.
Wati u-Yesu kubo: Mkululeni, nimyeke
ahambe.
45 Bati ngoko abaninzi bakuma-Juda
ababefikile ku-Marita, nezinto ezenzwayo
ngu-Yesu bazibona, bakolwa kuye. 46
Kodwa innxennye kuwo emka aya kubo
abafarisi, abaxelela izinto abezenzile u-
Yesu.
47 Bandula abaperisite abakulu nabafa-
risi bahlanganisa inklanganiso yamapakati,
bati: Siyenza 'nto nina? ngokuba lomntu
esenza imimangaliso emininzi. 48 Nxa
senje uje ukumyeka, bonke baya kukolwa
kuye; aeya kuti ama-Roma eze asihlute
kwa nendawo nohlanga. 49 Waza omnye
wakubo, u-Kayafasi, engumperisite omkulu
ngomnyaka lowo, wati kubo: Nina anazi
luto, 50 anikumbuleli kanjalo ukuba ku-
lungele tina, ukuba umntu emnye afe
ngennxa yabantu, luze lwonke uhlanga
lungabubi. 51 Oku ke akakuteta ngo-
kwake; koko, engumperisite omkulu ngom-
nyaka lowo, waprofitesha ukuba u-Yesu
ebeza kufa ngennxa yohlanga olo; 52 be-
kungengennxa yohlanga olo lodwa, beku-
kukuba ahlanganisele kunye nosapo LUKA-
TIXO olucitakeleyo.
53 Bandula bati emveni kwemmini leyo
bacebisana ukuba bambulale. 54 Ngako
u-Yesu wabengasahambi ekuhleni pakati
kwama-Juda, koko wemka apo waya eli-
zweni elikufupi nenklango, esixekweni
esi-kutiwa yi-Hefrayime, wahlala kona
nabadisipile bake.

55 KEKALOKU ipasika yama-Juda
ibikufupi: baza benyuka abaninzi ezweni
apo baya e-Yerusaleme ingekabiko ipasika,
ukuze bazicokise. 56 Bandula bamfuna
u-Yesu, bati omnye nomnye bemi etempi-
leni: Niti nina ke? angezi emtendelekweni
na? 57 Kanjalo nababaperisite abakulu na-
bafarisi bebenikile umyalelo, wokuba, xe-
shekweni umntu aziyo apo akona, maka-
xele, ukuze bambambe.

12 Wandula u-Yesu intsuku zintandatu
ingekabiko ipasika weza e-Betaniya,
apo ebekona u-Lazarusi obe efile, lowo
wamvusayo ekufeni. 2 Ngako bamenzela
isidhlo sokuhlwa kona apo; waye u-Marita
ebekonza; kodwa u-Lazarusi ebengowaba-
hleli ekutyeni ndawonye naye.
3 Wandula u-Mariya watabata iponti
yamafuta 'mnandi enadusi engewengileyo,
exabiso likulu kunene, watambisa innyawo
zika-Yesu, wazisula innyawo zake ngen-
nwele zake: yati indhlu yazaliswa livu-
mba lamafuta lawo. 4 Wandula wati
omnye wakubadisipile bake, u-Jude Sika-
riyoti *unyana* ka-Simone, obeza kumngca-
tsha: 5 Kunganina ukuba lamafuta 'mnandi
abengatengiswe ngamakulu matatu edena-
ri, kwaza kwapiwa amahlwempu? 6 Wa-
tsho ke, bekungengokuba ebekatalela ama-
hlwempu, bekungokuba ebelisela, wanayo
innxowa, watabata oko bekufakwa kuyo.
7 Wandula wati u-Yesu: Myeke; uwagci-
nele immini yokuncwatywa kwami. 8
Ngokuba amahlwempu ninawo wona futi
ekuni; kanti aninami futi.
9 Bazi ngoko abantu abaninzi bakuma-
Juda ukuba ukona: beza ke, bekunge-
ngennxa ka-Yesu yedwa, bekukukuba
bambone no-Lazarusi, lowo wamvusayo
ekufeni. 10 Kodwa abaperisite abakulu
bafuna icebo, ukuze bambulale u-Lazarusi
naye; 11 kuba abaninzi bebesiti ngaye
bemka kuma-Juda, bakolwa ku-Yesu.
12 Ngomhla olandelayo abantu abaninzi
abebeze emtendelekweni, bakuva ukuba



University of Fort Hare

u-Yesu uyeza e-Yerusaleme, 13 batabata
amagatya emiti yepalime, bapuma ukuya
kumhlangabeza, badanduluka, *besiti :* Ho-
sana! Makatanyusanqeliswe ozayo ega-
meni LIKAYEHOVA, ukumkani wo-Sirayeli!
14 Wati kekaloku u-Yesu, elifumene
iqwarashana, wahlala pezu kwalo; njengo-
kuba kubàliwe *ngokuti :* 15 Ungoyiki,
ntombi yase-Ziyone! bona ke, ukumkani
wako uyeza, ehleli pezu kwetole leqwa-
rashe. 16 Kodwa ezizinto abadisipile
bake abaziqonda ekuqaleni; koko xeshe-
kweni u-Yesu ebenzelwe ubungcwalisa,
bandula bakumbula ukuba ezizinto zibe
zibàliwe ngaye, nokuba ezizinto bazenza
kuye.
17 Sasisiti ngoko isihlwele esibe sinaye,
okuya wambiza u-Lazarusi apume encwa-
beni, wamvusa ekufeni, sanqinela *kwa oku.*
18 Ngako oko kanjalo isihlwele samhlanga-
beza, ngokokuba besivile ukuba ebe-
wenzile lommangaliso. 19 Bati ngoko
abafarisi pakati kwabo: Nibona na oko-
kuba anincedi luto? nali ilizwe lipume
laya emva kwake.
20 Kekaloku bekuko ama-Girike atile
pakati kwabo abebenyuka ukuza kubede-
sha emtendelekweni: 21 wona la eza
ngoko ku-Filipi, obengowase-Betesayida
e-Galili, amtandaza, esiti: Nkosi! singa
singambona u-Yesu. 22 Weza u-Filipi
wamxelela u-Andreya, nakanjako u-Andre-
ya no-Filipi bamxelela u-Yesu.
23 Kodwa u-Yesu wabapendula, esiti: Li-
fikile ixeshana lokuba unyana wesintu enze-
lwe ubungcwalisa. 24 Ngokwennene, ngo-
kwennene, nditi kuni: Xeshekweni ukozo
lwenuqolowa, lwakuba luwele emhlabeni,
lungafi, luhlala lona lulodwa; kodwa xe-
shekweni lufayo, luvelisa iziqamo ezininzi.
25 Otandayo ubomi bake, buya kumla-
hleka; notiyayo ubomi bake kwelilizwe,
wobugcina kude kube bubomi obunguna-
pakade. 26 Ukuba umntu uyandikonza,
makandilandele; nalapo ndikona mina,
woba kwa lapo nomkonzi wami: naxeshe-
kweni umntu andikonzayo mina, UBAWO
uya kumbeka yena. 27 Kaloku umpefu-
mlo wami ukatazekile; ndize nditi nina?
Bawo! ndisindise kwelixeshana: koko
kungennxa yoku ndezayo kulo elixeshana:
28 Bawo! lenzele ubungcwalisa igama
lako.
Kwandula kwavela ilizwi ezulwini, *li-*
*siti :* Sendilenzele ubungcwalisa, ndobuya
ndilenzele ubungcwalisa kanjako. 29
Saye sisiti isihlwele esibe simi kona,
saliva: Kududumile. Babesiti abanye:
Ingelosi itetile kuye. 30 Wapendula u-
Yesu wati: Akungennxa yami elilizwi
liveleyo, kungennxa yenu. 31 Kukaloku
ukugwetywa kwelilizwe; kaloku inkosi
yelilizwe iya kulahlelwa pandhle. 32
Nami, xeshekweni ndipakanyiswa emhla-
beni, bonke ndobatsalela kwa kumi. 33
Oku ke ebekutsho, eqondisa ukuba kukufa
okunina abeza kufa ngako.
34 Sati isihlwele ukumpendula: Tina
sivile kuwo umteto, ukuba u-Krestu uya-
hlala kude kube ngunapakade; uti nina
kanti wena ukuti: Unyana wesintu ufanele
ukupakanyiswa? ungubanina lo unyana
wesintu? 35 Wati ngoko kubo u-Yesu:
Kuselixesha elincinane ukanyiso lunani;
hambani nxa nisenalo ukanyiso, ukuze
ubumnyama bunganibaqi: kanjalo ohamba-
yo ebumnyameni akazi ukuba uya pina.
36 Nxa nisenalo ukanyiso, kolwani kulo
ukanyiso, ukuze nibe lusapo lwokukanya.
Ezizinto waziteta u-Yesu, waza wemka,
wazifihla kubo.
37 Kodwa nakuba ebeyenze imimanga-
liso emininzi kangaka pambi kwabo, be-
bengakolwa kuye; 38 ukuze ilizwi lika-
Yisaya umprofite lizaliseke, elo walitshoyo
ukuti: YEHOVA! ngubanina okoliweyo
yintshumayelo yetu? nengalo KAYEHOVA
ityiliwe kubanina? 39 Ngako oko bebe-
kohlwa kukukolwa, ngokokuba u-Yisaya
watsho kanjako ukuti: 40 Uwamfameki-
sile amehlo abo, wayenza lukuni inkliziyo
yabo; bangabi babone ngamehlo, baqonde
ngenkliziyo, baguquke, ndibapilise. 41
Kwatshiwo oku ngu-Yisaya, akubona ubu-
ngcwalisa bake, waza wateta ngaye.
42 Kodwa noko kwa kubo abapati
abaninzi bakolwa kuye; koko ngennxa
yabafarisi bebenga*m*vumi, ukuze banga-
kutshwa enklanganisweni: 43 ngokuba
bebetanda imbeko yabantu ngapezu kwayo
imbeko KATIXO.
44 Kanjalo u-Yesu wadanduluka wati:
Okolwayo kumi, akakolwa kumi, kukulowo
wanditumayo: 45 nobonayo mina, uyabona
owanditumayo. 46 Ndize elizweni mina
ndilukanyiso, ukuze osukuba ekolwa kumi
angahlali ebumnyameni. 47 Naxeshekweni
umntu evayo amazwi ami, angakolwa ke,
andimgwebi mina: ngokuba ndingezanga
ukuba ndigwebe ilizwe, koko *ndize* ukuba



University of Fort Hare

ndisindise ilizwe. 48 Owalayo mina, anga-
wamkeli namazwi ami, unalowo umgwe-
bayo: ilizwi endalitetayo, lilo elo eliya
kumgweba ngomhla wokupela. 49 Ngo-
kuba ndingatetanga ngokwami; koko UBA-
WO owanditumayo, yena wandinika umya-
lelo wokuba ndoti nina nokuba ndoteta
'nto nina. 50 Kanjako ndiyazi ukuba
umyalelo wake ububomi obungunapakade:
oko ngoko endikutetayo, njengokuba UBA-
WO etshilo kumi, ndiyateta kwa njalo.

13 KEKALOKU ingekabiko ipasika, wati
u-Yesu, esazi ukuba lifikile ixeshana
lake, lokubá emke kwelilizwe ayo KUYISE,
ebatandile abake abebeselizweni, wabata-
nda kwada kwasekupeleni. 2 Kwaza kwa-
kubako isidhlo sokuhlwa, u-Satane esel' e-
fakile nje enkliziyweni ka-Jude Sikariyoti,
*unyana* ka-Simone, okokuba amngcatshe,
3 wati u-Yesu, esazi ukuba zonke izinto
uziuikile UYISE ezandhleni zake, nokuba
wapuma KUTIXO, *nokuba* uyaya KUTIXO,
4 wesuka esidhlweni sokuhlwa, wazibeka
pantsi ingubo, watabata iqiya, wazibinqa.
5 Wandula wagalela amanzi esityeni, wa-
qala ukuhlanza innyawo zabadisipile, no-
kuzisula ngeqiya leyo ubebinqiwe ngayo.
6 Wada weza ku-Simone Petrosi: waza
wati yena lowo kuye: Nkosi! wena uya-
hlanza innyawo zami na? 7 Wapendula
u-Yesu wati kuye: Oko ndikwenzayo aku-
kwazi ngoku; kodwa uya kukuqonda
kamva. 8 Wati u-Petrosi kuye: Akusayi
kuhlanza innyawo zami kwa napakade.
Wati u-Yesu ukumpendula: Xeshekweni
ndingakuhlanzi, akunabukolwane nami.
9 Wati u-Simone Petrosi kuye: Nkosi!
kungabi zinnyawo zami zodwa, kube
zizandhla nenkloko nazo. 10 Wati u-Yesu
kuye: Lowo uhlanjiweyo akasweli 'luto
ngapezu kwokuba zihlanzwe innyawo,
koko ehlambululekile epela: nani nihla-
mbululekile, koko ningenjalo nonke. 11
Ngokuba ebesazi lowo ubemngcatsha;
kungenxa yoku wati: Anihlambululekile
nonke.
12 Xeshekweni ngoko ebehlanzile in-
nyawo zabo, wazitabata nengubo zake,
wabuya wahlala pantsi, wati kubo: Niya-
qonda na into endiyenzileyo kuni? 13
Niyandibiza ngokuti, Mfundisi, nangokuti,
Nkosi: kanjako niyalungisa ukutsho:
ngokuba ndinjalo. 14 Ukuba ngoko ndi-
zihlanzile mina innyawo zenu, ndiyinkosi
nomfundisi, nifanelwe kukuti nani nihla-
nzelane innyawo. 15 Ngokuba ndinini-
kile umzekelo, ukuze niti, njengokuba
ndenze mina kuni, nenje njalo nani. 16
Ngokwennene, ngokwennene, nditi kuni:
Akuko 'sicaka esikulu kwinkosi yaso, nom-
tunywa omkulu kowamtumayo. 17 Ukuba
ezizinto niyazazi, ninetamsanqa xeshe-
kweni nizenzayo. 18 Anditeti ngani nonke;
ndiyabazi mina abo ndabanyulayo; koko
*kunje ke* ukuze sizaliseke isibàlo *sokuti:*
Obesidhla isonka ndawonye nami, upaka-
misile isitende sake ngakumi. 19 Emveni
kwoku ndiyanixelela kungekehli, ukuze
niti, xeshekweni kuhlayo, nikolwe ukuba
ndinguye. 20 Ngokwennene, ngokwen-
nene, nditi kuni: Owamkela osukuba etu-
nywa ndimi, uyamkela mina: nowamkela
mina, uyamkela owandituma yo.
21 Akuba ebekutshilo oku u-Yesu,
wakatazeka emmoyeni, wanqìna, wati:
Ngokwennene, ngokwennene nditi kuni,
omnye kuni wondingcatsha. 22 Bandula
abadisipile bakangelana, betandabuza
ukuba uteta ngobanina? 23 Kekaloku
bekuhleli ekutyeni esifubeni sika-Yesu
omnye wabadisipile bake, obetandwa ngu-
Yesu. 24 Wati ngoko u-Simone Petrosi
wakeba kuye lo, ukuba abuze kungaba
ngubanina ateta ngaye. 25 Waza yena
wayama esifubeni sika-Yesu, wati kuye:
Nkosi! ungubanina? 26 Wati u-Yesu
ukupendula: Ngulowo endiya kunika
umtamo kuye, ndakuba ndiwufakile. Waza
akuba ebewufakile wawunika ku-Jude
Sikariyoti, *unyana* ka-Simone. 27 Kwati
emveni kwomtamo, wandula wangena kuye
u-Satane. Wati ngoko u-Yesu kuye: Oko
ukwenzayo, kwenze kamsinyane. 28 Ke-
kaloku bekungeko 'mntu pakati kwabahleli
ekutyeni owaqonda ukuba watsho kuye
nganina. 29 Ngokuba bebeba innxenye,
u-Jude enennxowa nje, wati u-Yesu kuye:
Tengela umtendeleko izinto esiziswelєyo;
umhlaumbi, ukuba awape amahlwempu
into. 30 Yena ngoko, akuba ebewamkele
umtamo, waselepuma: kwaye kububusuku
ke.
31 Ngako xeshekweni ebepumile, wati
u-Yesu: Kaloku unyana wesintu uyenze-
lwa ubungcwalisa, NOTIXO uyenzelwa ubu-
ngcwalisa kuye. 32 Ukuba UTIXO uye-
nzelwa ubungcwalisa kuye, naye UTIXO
uya kwenzela yena ubungcwalisa kuye
ngokwake, waeya kumenzela ubungcwa-



University of Fort Hare

lisa kamsinya. 33 Lusatshana! lixesha eli-
ncinane endisenani ngalo. Niya kundifu-
na; nanjengokuba ndati kuma-Juda: Apo
ndiyayo mina, aningeze nina kona; ndi-
tsho nakuni ngoku. 34 Umyalelo omtsha
ndiyawunika kuni, ukuba nitandane; nje-
ngokuba nditandile nina, ukuba nani nita-
ndane kwa njalo. 35 Ngako oku baya
kukwazi bonke ukuba ningabadisipile
bami, ukuba ninotando omnye kwomnye.
36 Wati u-Simone Petrosi kuye: Nkosi!
uya pina? Wati u-Yesu ukumpendula:
Apo ndiya kona, akungendilandele ka-
loku; kodwa uya kundilandela kamva.
37 Wati u-Petrosi kuye: Nkosi! kunga-
nina ukuba andingekulandele ngoku?
ubomi bami ndobubeka pantsi ngennxa
yako. 38 Wati u-Yesu ukumpendula:
Ubomi bako wobubeka pantsi ngennxa
yami na? Ngokwennene, ngokwennene,
nditi kuwe: Inkuku ayisayi kulila, unge-
kandikanyeli katatu.

14 MAINGAKATAZEKI inkliziyo ye-
nu: niyakolwa KUTIXO; kolwani na-
kumi. 2 Endhlwini KABAWO kuko inklalo
ezininzi: ukuba bekungenjalo, ngendi-
nixelele. Ndiyemka ukuya kunilungisela
indawo. 3 Nokuba nditi ndimke ndiye
ndinilungisele indawo, ndiyeza kanjako,
ndandiya kunamkela kwa kumi; ukuze
niti, apo ndikona mina, nibe kwa kona nani.
4 Kanjalo apo ndiya kona niyakwazi, nen-
dhlela niyayazi.
5 Wati u-Tomasi kuye: Nkosi! asazi
ukuba uya pina; singati nina ke indhlela
ukuyazi? 6 Wati u-Yesu kuye: Mina
ndiyiyo indhlela, ndiyiyo nennyaniso,
ndibubo nobomi: akuko 'mntu ozayo KU-
BAWO, engezi ngami. 7 Ukuba beninda-
zile mina, ngeniba nimazile NOBAWO: na-
semveni kwoku niyamazi, nimbonile ka-
njalo.
8 Wati u-Filipi kuye: Nkosi! sibonise
UYIHLO, kuti *oko* kusikolise. 9 Wati u-
Yesu kuye: Kukade kangaka ndinani nje,
akundazile na noko, Filipi? lowo undibo-
nileyo mina, umbonile UBAWO; uti nina ke
wena ukuti: Sibonise UYIHLO? 10 Aku-
kolwa na ukuba ndikuye UBAWO, nokuba
UBAWO ukumi? lomazwi enditeta wona
kuni, andiwateti ngokwami; kodwa UBAWO
ohlala kumi, nguye oyenzayo imisebenzi.
11 Kolwani ndimi ukuba ndikuye UBAWO,
nokuba UBAWO ukumi; okanye, kolwani
ndimi ngennxa yemisebenzi ngokwayo.
12 Ngokwennene, ngokwennene, nditi
kuni: Okolwayo kumi, lomisebenzi endi-
yenzayo mina uya kuyenza naye; nemi-
kulu kulé uya kuyenza; ngokuba ndimka
ukuya KUBAWO. 13 Nento enisukuba ni-
yicela egameni lami, yona le ndiya kuye-
nza; ukuze UYISE enzelwe ubungcwalisa
kuye UNYANA. 14 Xeshekweni into niyi-
cela egameni lami, ndiya kuyenza.
15 Ukuba niyanditanda, gcinani imiya-
lelo yami. 16 Ndandiya kumtandaza UBAWO,
oya kuninika umonwabisi omnye, ukuze
ahlale nani kude kube ngunapakade, 17
kwa umoya wennyaniso, lowo ilizwe linge-
mamkele, ngokuba lingamboni, lingamazi
nokumazi; kodwa nina niyamazi, ngokuba
ehlala kuni, waeya kuba pakati kwenu ka-
njalo. 18 Andiyi kunishiya nizinkedama;
ndoza kuni. 19 Kuselixesha elincinane,
landule ilizwe lingabi sandibona; kodwa
nina niyandibona: ngokuba ndisidhla u-
bomi mina, niya kudhla ubomi nani. 20
Kulowamhla niya kukwazi ukuba ndi-
kuye UBAWO, nokuba nina nikumi, nokuba
mina ndikuni. 21 Onayo imiyalelo yami,
eyigcina nokuyigcina, nguye onditandayo;
nalowo utanda mina, uya kutandwa NGU-
BAWO; ndoti nami ndimtande, ndizityile
kuye.
22 Wati kuye u-Juda, (engenguye u-
Sikariyoti:) Nkosi! kuhla nganina ukuba
uza kuzityila kuti, ungenje njalo kanti
kwilizwe?
23 Wapendula u-Yesu wati kuye: U-
kuba umntu uyanditanda, woligcina ilizwi
lami; kanjalo UBAWO uya kumtanda, sasiya
kuza kuye, senze nenklalo *yetu* nayo. 24
Lowo unganditandiyo, amazwi ami akawa-
gcini: nelizwi enilivayo, asi lelami, le-
LIKABAWO owanditumayo.
25 Ezizinto ndizitetile kuni, ndisahlala
nani. 26 Kodwa umonwabisi, kwa umoya
oyingcwele, oya kutunywa NGUBAWO ega-
meni lami, yena uya kunifundisa zonke
izinto, anikumbuze zonke izinto endazite-
tayo kuni.
27 Uxolo ndiyalushiya kuni, olwami
uxolo ndiyalunika kuni; akunjengokuba
linika ilizwe endinika njalo kuni. Mai-
ngakatazeki inkliziyo yenu, maingabi na-
bugwala kanjalo. 28 Nivile okokuba ndati
kuni: Ndiyemka, *ndibuye* ndize kuni.
Ukuba nanditanda, ngenivuyele okokuba
ndati: Ndiyemka ukuya KUBAWO; ngokuba



University of Fort Hare

UBAWO emkulu kumi. 29 Nakaloku ndini-
xelele *oku* kungekehli; ukuze niti, xeshe-
kweni kuhlayo, nikolwe. 30 Andiyi kuba
sateta kakulu nani; ngokuba isiza inkosi
yelilizwe, kanti ayinanto kumi. 31 Koko
*kunje ke* ukuze lazi ilizwe okokuba ndiya-
tanda UBAWO; nokuba nditi, njengokuba
endiyalele UBAWO, ndenje njalo. Sukani,
simke apa.

15 MINA ndinguwo umti weveyine
oyinnyaniso, NOBAWO unguye umlimi.
2 Onke amasebe akumi engavelisi izi-
qamo, wona uyawasusa: nawo onke evelisa
iziqamo, wona uyawahlambulula, ukuze
aveliso iziqamo ezininzi ngakumbi. 3
Nina nise nihlambululekile, ngetuba leli-
zwi endilitetileyo kuni. 4 Hlalani kumi,
*ndihlale* nami kuni. Njengokuba isebe
lingevelise iziqamo ngokwalo, xeshekweni
lingahlali emtini weveyine; kwa njalo
nani aningevelise *iziqamo*, xeshekweni ni-
ngahlali kumi. 5 Mina ndinguwo umti
weveyine, nina ningawo amasebe: oti
ahlale kumi, nami *ndihlale* kuye, yena lo
uyavelisa iziqamo ezininzi; ngokuba nga-
pandhle kwami ningenze luto. 6 Ukuba
umntu akahlali kumi, uyalahlwa njenge-
sebe, ashwabane; bati *abantu* bawabute,
bawapose emlilweni, atshiswe ke. 7 U-
kuba niti nihlale kumi, namazwi ami ahlale
kuni, niya kucela into enisukuba nitanda
*ukuyicela*, naniya kwenzelwa yona. 8
Ngako oku uyenzelwa ubungcwalisa UBA-
WO, ukuba nivelise iziqamo ezininzi; na-
niya kuba ngabadisipile bami.

9 Njengokuba enditandile mina UBAWO,
nami ndinitandile nina kwa njalo: hlalani
elutandweni lwami. 10 Ukuba niyagcina
imiyalelo yami, niya kuhlala elutandweni
lwami; kwa njengokuba mina ndiyigcinile
imiyalelo KABAWO, ndihlala nokuhlala elu-
tandweni lwake. 11 Ezizinto ndizitetile
kuni, ukuze uvuyo lwami luhlale kuni,
nokuba uvuyo lwenu luzaliseke.

12 Nguwo lo umyalelo wami, owokuba
nitandane, kwa njengokuba nditandile
nina. 13 Akuko namnye onotando olukulu
kulo olu, lwokokuba umntu abeke pantsi
ubomi bake ngennxa yezihlobo zake. 14
Nina nizizihlobo zami, nxa nizenza zonke
izinto endiniyaleleyo. 15 Andisatsho u-
kuti nizizicaka; ngokuba isicaka singazi
oko ikwenzayo inkosi yaso: kodwa ndite
nizizihlobo; ngokuba zonke izinto endizi-
vileyo KUBAWO ndizazisile kuni. 16 Nina
ananyula mina, koko mina ndanyula nina,
ndanimisa, ukuze niye nivelise iziqamo,
nokuba iziqamo zenu zibe nokuhlala:
ukuze, oko enisukuba nikucela KUBAWO
egameni lami, anipe kona. 17 Ndiyaniya-
lela ezizinto, ukuze nitandane.

18 Ukuba ilizwe liyanitiya, niyazi ukuba
litiyile mina lingekatiyi nina. 19 Ukuba
nibe ningabakulo ilizwe, ilizwe ngeliba
litanda abalo; kodwa ngokuba ningenga-
bakulo ilizwe, koko ndaninyulayo elizweni,
ngennxa yoku ilizwe liyanitiya. 20 Ku-
mbulani ilizwi endalitshoyo kuni ukuti:
Akuko 'sicaka esikulu kwinkosi yaso.
Ukuba banditshutshisa mina, bonitshu-
tshisa nani; ukuba baligcina ilizwi lami,
boligcina nelenu. 21 Koko ezizinto zonke
baya kuzenza kuni ngennxa yegama lami,
kuba bengamazi lowo wanditumayo. 22
Ukuba bendingezanga ndateta kubo, bebe-
ngayi kuba nasono; kodwa kaloku abana-
silandulo ngaso isono sabo. 23 Otiyayo
mina, uyamtiya NOBAWO. 24 Ukuba lomi-
sebenzi bendingayenzanga pakati kwabo,
ekungeko 'mntu omnye oyenzileyo, bebe-
ngayi kuba nasono; kodwa kaloku babo-
nile, batiyile nokutiya kwa nami NOBAWO.
25 Koko *kunje ke* ukuze lizaliseke ilizwi
elibàliweyo emtetweni wabo *lokuti*: Bandi-
tiya kungeko 'tuba.

26 Kodwa okuya afikayo umonwabisi,
endiya kumtuma kuni evela KUBAWO, kwa
umoya wennyaniso, opumayo KUBAWO,
oyena uya kunqina ngami: 27 kanjalo
nani ningamanqina, ngokuba ninami kuta-
bata ekuqaleni.

16 EZIZINTO ndizitetile kuni, ukuze
ningaxakaniswa. 2 Baya kunikupa
ezinklanganisweni; ewe kuyeza ixeshana,
lokuba lowo usukuba enibulala woba
uyanikela isikonzo KUTIXO. 3 Nezizinto
baya kuzenza kuni, ngokuba bengama-
zanga UBAWO, bengand*azanga* nami. 4
Koko ezizinto ndizitetile kuni, ukuze niti,
okuya ixeshana lifikayo, nizikumbule u-
kuba ndanixelela *zona*: kodwa andinixele-
langa ezizinto kwa sekuqaleni, ngokuba
bendiko nani.

5 Kodwa kaloku ndiyemka ukuya ku-
lowo wanditumayo; kanti akuko namnye
kuni obuza kumi *ukuti*: Uya pina? 6 Koko
ngokuba ezizinto ndizitetile kuni, usizi
luzalisile inkliziyo yenu.



University of Fort Hare

7 Noko ndiyanixelela innyaniso: Kulu-
ngele nina ukuba ndimke: ngokuba, xe-
shekweni ndingemki mina, umonwabisi
engayi kuza kuni; kodwa xeshekweni
ndiyayo, ndiya kumtuma kuni. 8 Waeya
kuti akufika yena eyise ilizwe ngaso isono,
nangabo ubulungisa, nangako ukugwe-
tywa: 9 ngaso isono ke, ngokuba bengako-
lwa kumi; 10 nangabo ubulungisa, ngo-
kuba ndimka ukuya KUBAWO, nize ningabi
sandibona; 11 nangako ukugwetywa, ngo-
kuba inkosi yelilizwe igwetyiwe.

12 Ndisenazo izinto ezininzi zokuteta
kuni, koko ningezinyamezele ngoku. 13
Kodwa okuya afikayo yena, kwa umoya
wennyaniso, uya kunikapela kuyo yonke
innyaniso: ngokuba engayi kuteta ngo-
kwake; koko konke asukuba ekuva, uya
kuteta kona; nezinto ezizayo uya kuzishu-
mayela kuni. 14 Oyena uya kundenzela
ubungcwalisa; ngokuba eya kwamkela
kokwami, akushumayele kuni. 15 Zonke
ezonto anazo UBAWO, zizezami: ngennxa
yoku ndatsho ukuti, uya kwamkela ko-
kwami, akushumayele kuni.

16 Lixesha elincinane, nize ningandi-
boni; lixesha elincinane kanjako, naniya
kundibona; ngokuba ndimka ukuya KU-
BAWO.

17 Bati ngoko *innxennye* kubadisipile
bake omnye kwomnye: Yinto nina le ayi-
tshoyo ukuti: Lixesha elincinane, nize
ningandiboni; lixesha elincinane kanjako,
naniya kundibona; nokuti: Ngokuba ndi-
mka ukuya KUBAWO? 18 Babesiti ngoko:
Yinto nina le ayitshoyo ukuti: Lixesha
elincinane? asazi ukuba uteta 'nto nina.

19 Wazi kekaloku u-Yesu ukuba bebe-
funa ukumbuza, waza wati kubo: Niyabu-
zana ngako oku na, ukuba ndati: Lixesha
elincinane, nize ningandiboni; lixesha
elincinane kanjako, naniya kundibona?
20 Ngokwennene, ngokwennene, nditi
kuni: Niya kulila nikale nina, kodwa ili-
zwe liya kuvuya; naniya kuba lusizi, koko
usizi lwenu luya kwenziwa lube luvuyo.
21 Umfazi okuya azalayo unosizi, ngokuba
lifikile ixeshana lake; kodwa okuya
amzeleyo umntwana, akasabukumbuli ubu-
nzima, ngennxa yovuyo *lwake* lwokuba
umntu uzalelwe elizweni. 22 Nani ke
kambe ninosizi kaloku; kodwa ndiya ku-
nibona kanjako, yaiya kuvuya inkliziyo
yenu, novuyo lwenu akuko namnye oni-
hluta lona. 23 Ngalommini ke aniyi ku-
ndibuza 'nto. Ngokwennene, ngokwenne-
ne, nditi kuni: Oko enisukuba nikucela
KUBAWO egameni lami, uya kunipa kona.
24 Kwada kwakaloku anicelanga 'nto
egameni lami: celani, naniya kwamkela,
ukuze uvuyo lwenu lube luzalisekile.
25 Ezizinto ndizitetile kuni ngemizeke-
liso; kodwa ixeshana liyeza, oko ndingayi
kuba sateta kuni ngemizekeliso, koko ndiya
kushumayela kuni kwa sekuhleni ngaye
UBAWO. 26 Ngalommini niya kucela ega-
meni lami: anditsho ke kuni ukuti, ndiya
kunitandazela UBAWO: 27 ngokuba UBAWO
ngokwake enitanda, kuba nitandile mina,
nakolwa ukuba ndapuma KUTIXO. 28 Nda-
puma KUBAWO, ndize elizweni ke; kanjako,
ndiyalishiya ilizwe, ndiye KUBAWO.

29 Bati kuye abadisipile bake: Kangela,
kaloku uyateta kwa sekuhleni, ungasateti
ngomzekeliso ke. 30 Kaloku siyazi ukuba
uyazazi zonke izinto, ungasweli ukuba
ubuzwe 'mntu kanjalo; ngako oku siyako-
lwa ukuba wapuma KUTIXO.

31 Wati u-Yesu ukubapendula: Niya-
kolwa kaloku nje na? 32 Bona ke, ixe-
shana liyeza, ewe lifikile ngoku, lokuba
niya kucitwa, nisiya nonke ngabanye
emakayeni enu, niti mina nindishiye
ndedwa: andindedwa noko, ngokuba UBA-
WO enami. 33 Ezizinto ndizitetile kuni,
ukuze nibe noxolo kumi. Elizweni niya
kuba nobunzima; kodwa yomelelani; ndi-
loyisile ilizwe mina.

17 LAMAZWI wawateta u-Yesu, wapa-
kamisa amehlo ake ngasezulwini,
wati: Bawo! ixeshana lifikile: menzele
ubungcwalisa unyana wako, ukuze nonyana
wako akwenzele ubungcwalisa wena: 2
kwa njengokuba wamnika igunya pezu
kwoluntu lwonke, ukuze bonke usukuba
umnikile bona abanike ubomi obunguna-
pakade. 3 Bubo obu ke ubomi obungu-
napakade, ukuba bazi wena okupela KWO-
TIXO oyinnyaniso, no-Yesu Krestu owa-
bumtuma. 4 Ndikwenzele ubungcwalisa
emhlabeni; ndiwufezile umsebenzi endi-
wunikiweyo nguwe ukuba ndiwenze. 5
Nakaloku, Bawo! ndenzele ubungcwalisa
kwa kuwe wena, ngobungcwalisa obo
endibe ndinabo kuwe lingekabiko ilizwe.

6 Ndilityilile igama lako kwabobantu
endibanikiweyo nguwe kulo ilizwe: bebe-
ngabako, waundinikile bona; nelizwi lako
baligcinile. 7 Kaloku bazile ukuba zonke



University of Fort Hare

ezonto endizinikiweyo nguwe zivela kwa
kuwe. 8 Ngokuba lomazwi endiwaniki-
weyo nguwe, ndiwanikile kubo; bati bona
bawamkela, bazi ngennyaniso ukuba nda-
puma kuwe, bakolwa ukuba wandituma
wena. 9 Ndiyatandazela bona; andita-
ndazeli ilizwe, koko *nditandaz*ela abo endi-
banikiweyo nguwe; ngokuba bengabako.
10 Zonke izinto ke ezizezami zizezako,
nezizezako zezami; kanjalo ndenzelwe
ubungcwalisa kuzo. 11 Kekaloku mina
andiseselizweni, kanti aba bako elizweni,
nami ndiyeza kuwe. Bawo oyingcwele!
bageinele egameni lako abo endibanikiweyo
nguwe, ukuze babe banye, njengokuba
*sibanye* tina. 12 Oko ndibe ndinabo eli-
zweni, ndandibagcinela egameni lako: abo
ubanikileyo kumi ndabalondoloza, kunga-
tshabalalanga namnye kubo, *kutshabalele*
unyana wentshabalalo kupela; ukuze isi-
bàlo sizaliseke. 13 Kodwa kaloku ndiyeza
kuwe; nezizinto ndiyaziteta ndiselizweni,
ukuze babe novuyo lwami luzalisekile
kubo.

14 Ndibanikile ilizwi lako; lite ilizwe
labatiya, ngokuba bengengabaselizweni,
njengokuba ndingengowaselizweni mina.
15 Anditandazi ukuba ubasuse elizweni,
koko *nditandaza* ukuba ubagcine kuko oku-
kohlakeleyo. 16 Abangabaselizweni, nje-
ngokuba ndingengowaselizweni mina. 17
Bangcwalise ngayo innyaniso yako; lona
ilizwi lako liyinnyaniso. 18 Njengokuba
watuma mina elizweni, kwa njalo nami
ndatuma bona elizweni. 19 Nangennxa
yabo ndiyazingcwalisa mina ngokwami,
ukuze nabo babe bengcwalisiwe ennyani-
sweni.

20 Kodwa anditandazeli aba bodwa,
koko *nditandaz*ela nabo baya kukolwa
kumi ngelizwi labo; 21 ukuze bonke babe
banye; njengokuba wena, Bawo! ukumi,
nami ndikuwe, baze nabo babe banye kuti;
ukuze ilizwe likolwe ukuba wandituma
wena. 22 Nobungcwalisa obunikileyo ku-
mi, ndibunikile mina kubo; ukuze babe
banye, njengokuba sibanye tina; 23 mina
ndikubo, nawe ukumi, ukuze babe befeze-
kile ngokuba banye; nokuze ilizwe lazi
ukuba wena wandituma, nokuba wabatanda
bona, kwa njengokuba wanditanda mina.

24 Bawo! abo undinikile bona, nditanda
ukuba apo ndikoyo mina, nabo babe kona
ndawonye nami; ukuze babone ubungcwa-
lisa bami, obo endandibunikwa nguwe;
ngokuba wabunditanda lingekamiswa ili-
zwe. 25 Bawo olungileyo! lona ilizwe
alakwazi; kodwa mina ndakwazi, bati
naba bazi ukuba wena wandituma. 26
Ndaza ndalazisa kubo igama lako, nda-
ndiya ku*l*azisa kanjako; ukuze utando
owabunditanda ngalo lube kubo, nami
ndibe kubo.

18 WATI u-Yesu akuba ebetetile la*mazwi*,
wapuma nabadisipile bake waya pe-
sheya kwomlanjana we-Kidrone, apo be-
kuko umyezo kona, ekwangena kuwo yena
nabadisipile bake.

2 Kekaloku no-Jude, owamngcatshayo,
wabeyazi indawo leyo; ngokuba bekufuti
u-Yesu wabutelana kona nabadisipile bake.
3 U-Jude ngoko, elamkele nje ibandhla,
namadindili evela kubo abaperisite abakulu
nabafarisi, weza kona enezibane, nezikuni,
nezikali.

4 Wandula u-Yesu, esazi zonke izinto
ezibe zisiza pezu kwake, wapuma wati
kubo: Nifuna 'banina? 5 Bati ukumpe-
ndula: u-Yesu wase-Nazarete. Wati kubo
u-Yesu: Ndinguye. (Kekaloku no-Jude
owamngcatshayo ebemi ndawonye nabo.)
6 Xeshekweni ngoko watsho kubo ukuti:
Ndinguye; baya ngomva, bawa emhla-
beni.

7 Wandula wabuya wabuza kubo *ukuti*:
Nifuna 'banina? Baza bati: u-Yesu wase-
Nazarete. 8 Wati u-Yesu ukupendula:
Ndatsho kuni ukuti ndinguye: ukuba
ngoko niyafuna mina, yekani aba bahambe:
9 ukuze lizaliseke ilizwi owalitshoyo ukuti:
Abo undinikile bona, akwandilahleka
namnye kubo.

10 Wandula u-Simone Petrosi enesirele
nje wasirola, wabeta isicaka somperisite
omkulu, wasiti nqam eyokunene indhlebe.
Laye lingu-Maluke igama lesicaka eso.
11 Wati ngoko u-Yesu ku-Petrosi: Faka
isirele sako esinxobeni: indebe endiyini-
kiweyo NGUBAWO, ndingayiseli na?

12 Bandula ukuti ibandhla elo, nenkosi-
waka, namadindili ama-Juda, bambamba
u-Yesu, bamnxiba, 13 bamrolela ku-Anasi
kuqala; ngokuba ebengusomfazi ku-Kaya-
fasi, obengumperisite omkulu ngomnyaka
lowo. 14 Kekaloku ebengu-Kayafasi owa-
nika icebo kuma-Juda, lokuti ku*s*ilungele
ukuba umntu emnye afe ngennxa yabantu.

15 Waza u-Simone Petrosi wamlandela
u-Yesu, kwa nalomdisipile omnye: wayo



University of Fort Hare

ke umdisipile lowo esaziwa ngumperisite
omkulu, wangena no-Yesu ekusini *lendhlu*
yomperisite omkulu. 16 Kodwa u-Petrosi
ebemi ngaselucangweni ngapandhle. Wa-
ndula wapuma lomdisipile omnye, obesa-
ziwa ngumperisite omkulu, wateta kumgci-
nikazi wocango, wamngenisa u-Petrosi.
17 Sandula sati isicakazana esingumgcini-
kazi wocango ku-Petrosi: Nawe ungowa-
kubadisipile balomntu na? Wati yena:
Andinjalo. 18 Kekaloku izicaka namadi-
ndili bebemi *kona*, bewubasile umlilo wa-
malahle, ngokuba bekubanda, bota ke:
kanjalo u-Petrosi ebemi ndawonye nabo,
esota naye.
19 Wandula umperisite omkulu wabuza
ku-Yesu ngabadisipile bake, nangemfu-
ndiso yake. 20 Wati u-Yesu ukumpe-
ndula: Ndateta ekuhleni kwilizwe; nda-
mana ndifundisa endhlwini yenklanganiso
nasetempileni, apo ama-Juda amana ehla-
ngana kona; andateta 'nto ke ngasese. 21
Yinina ukuba ubuze kumi? buza kubo aba-
ndivileyo, ukuba ndateta 'nto nina kubo:
kangela, aba bayakwazi oko ndakutshoyo.
22 Kekaloku akuba ebetshilo oku, eli-
nye lamadindili elibe limi kufupi lamtywa-
kaza u-Yesu ngesandhla, lisiti: Uyenje
njalo na ukumpendula umperisite omkulu?
23 Wati u-Yesu ukulipendula: Ukuba
ndateta ngokukohlakeleyo, nqinela ukuko-
hlakala oko: kodwa ukuba *ndateta* ngoku-
lungileyo, uyandibetela nina? 24 Wati
u-Anasi wamtuma enxityiwe ku-Kayafasi
umperisite omkulu.
25 Kekaloku u-Simone Petrosi ebemi
esota. Bati ngoko kuye: Nawe ungowa-
kubadisipile bake na? Wakanyela yena,
wati: Andinjalo. 26 Wati owasezicakeni
zomperisite omkulu, esisalamane salowo
wayiti nqam u-Petrosi indhlebe yake:
Andakubona na emyezweni ndawonye
naye? 27 Wandula wabuya wakanyela
u-Petrosi: yasuka yalila inkuku kwa
oko.

28 BANDULA besuka no-Yesu kwa-
Kayafasi bamrolela endhlwini yenkosi;
kwaye kube kusasa ke; baza bona ngo-
kwabo abangena endhlwini yenkosi, u-
kuze bangancoliswa, koko ukuze bayitye
ipasika.
29 Wapuma ngoko u-Pilati waya kubo,
wati: Lityala lanina enimnika lona umntu
lo? 30 Bapendula bati kuye: Ukuba lo
ebengengumenzi wokukohlakeleyo, ngesi-
ngamnikelanga kuwe. 31 Wandula wati
kubo u-Pilati: Mtabateni nina, nimgwebe
ngokwomteto wenu. Ati ngoko ama-Juda
kuye: Asivunyelwa tina ukuba sifise
umntu: 32 ukuze ilizwi lika-Yesu lizali-
seke, elo walitetayo eqondisa ukuba ku-
kufa okunina abeza kufa ngako.
33 Wandula u-Pilati wangena endhlwini
yenkosi kanjako, wambiza u-Yesu, wati
kuye: Wena ungukumkani wama-Juda
na? 34 Wati u-Yesu ukumpendula: Oku
ukutsho ngokwako, wakuxelelwa ngami
ngabanye, kusinina? 35 Wati u-Pilati
ukupendula: Ndingum-Juda nje na? u-
hlanga lwakowenu nabaperisite abakulu
bakunikela kumi: yinto nina uyenzileyo?
36 Wati u-Yesu ukupendula: Ubukumkani
bami asi bubo obakwelilizwe: ukuba ubu-
kumkani bami bube bubobakwelilizwe,
abakonzi bami bebeya kulwa, ukuze ndi-
nganikelwa kuma-Juda: kodwa kaloku
ubukumkani bami asi bubo obuvela apa.
37 Wandula u-Pilati wati kuye: Ungu-
kumkani na ke? Wati u-Yesu ukupe-
ndula: Utsho wena ukuba ndingukumkani.
Ndizalelwe oku, ndaye ndizele oku ndi-
siza elizweni, ukuze ndiyinqinele innya-
niso. Osukuba engowakuyo innyaniso,
uyaliva ilizwi lami. 38 Wati u-Pilati
kuye: Iyinto nina innyaniso?
Waza etshilo oku wabuya wapuma waya
kuma-Juda, wati kuwo: Andifumani 'tyala
kuye. 39 Kodwa ninalo isiko, lokuba
ndinikululele *umbanjwa* abe 'mnye epasi-
keni: nifuna ngoko ukunga ndinganikulu-
lela ukumkani wama-Juda na? 40 Ba-
ndula bonke badanduluka kanjako, besiti:
Kungabi nguló, kube nguye u-Baraba!
Kekaloku u-Baraba ebelibada.

19 Wandula u-Pilati ngoko wamtabata
u-Yesu, wambeta. 2 Aza amasodati
aluka isitsaba ngemitolo, asibeka enklo-
kweni yake, amvatisa ingubo ebomvu,
3 ati: A, kumkani wama-Juda! Abemtywa-
kaza ngezandhla kanjalo.
4 Wandula u-Pilati wabuya wapuma
ngapandhle, wati kubo: Kangela, ndiyam-
zisa kuni ngapandhle, ukuze nazi ukuba
andifumani 'tyala kuye. 5 (Wapuma
ngoko u-Yesu ngapandhle, esambete isi-
tsaba semitolo, nengubo ebomvu.) Waza
wati kubo: Nanku umntu ke! 6 Xeshe-
kweni ngoko bambonayo abaperisite aba-
kulu namadindili, badanduluka, besiti:



University of Fort Hare

Mkuruseshe, mkuruseshe! Wati u-Pilati
kubo: Mtabateni nina, nimkuruseshe;
ngokuba ndingafumani 'tyala kuye mina.
7 Ati ama-Juda ukumpendula: Tina si-
nomteto, kanjalo ngawo lomteto wetu
ufanelwe kukufa, ngokuba wabezenza
unyana KATIXO.
8 Wandula u-Pilati akuva elilizwi, wo-
yika ngakumbi, 9 wabuya wangena en-
dhlwini yenkosi, wati ku-Yesu: „Uvela
pina? Kodwa u-Yesu akamnika 'mpendulo.
10 Wati ngoko u-Pilati kuye: Akuteti
kumi na? akwazi na ukuba ndinegunya
lokukurusesha, nokuba ndinegunya lokuku-
kulula? 11 Wati u-Yesu ukupendula:
Ubungayi kuba nagunya ngakumi naka-
nye, ukuba ubungalinikwanga livela pe-
zulu: ngako oku lowo wandinikelayo kuwe
unesono esikulu ngakumbi.
12 Emveni kwoku wabefuna u-Pilati
ukumkulula: kodwa ama-Juda abedandu-
luka, esiti: Ukuba lo uyamkulula, aku-
nguye umhlobo ka-Kesare: osukuba ezenza
ukumkani uyamcasa u-Kesare. 13 Wati
ngoko u-Pilati akuva elilizwi, wamzisa
u-Yesu ngapandhle, wahlala pantsi pezu
kwesihlalo sokugweba endaweni e-kutiwa
Sisandhlalwamatye, kodwa ngokwama-
Hebere yi-Gabata: 14 (kekaloku ibiyim-
mini yokulungiselela yasepasikeni, neyure
yanga yayeyesitandatu:) waza wati kuma-
Juda: Nanku ukumkani wenu! 15 Ko-
dwa adanduluka wona, *esiti:* Msuse, msuse,
mkuruseshe yena! Wati kuwo u-Pilati:
Ndimkuruseshe ukumkani wenu na? Bati
ukupendula abaperisite abakulu: Asina-
kumkani, sino-Kesare kupela. 16 Wa-
ndula ngoko wamnikela kubo, ukuze aku-
ruseshwe.
Baza bamtabata u-Yesu, bemka naye.
17 Waza yena etwala ikuruse yako wapuma
waya endaweni e-kutiwa yeyenkankani,
leyo kutiwa ngokwama-Hebere yi-Golo-
gota; 18 apo bamkuruseshela kona, naba-
nye bebabini ndawonye naye, omnye nge-
licala, omnye ngeliya, u-Yesu epakati.
19 Kanjako u-Pilati wabàla isibàlwa,
wasibeka pezu kwayo ikuruse. Kwabe-
kubàliwe *ukuti:* UYESU WASENAZARETE U-
KUMKANI WAMAJUDA. 20 Esi isibàlwa ke
ama-Juda amaninzi asilesesha; ngokuba
londawo ibikufupi nesixeko, apo u-Yesu
wakuruseshelwa kona: kwabekubàliwe
ngokwama-Hebere, *na*ngokwama-Girike,
*na*ngokwama-Roma. 21 Baye besiti ngoko
abaperisite abakulu bama-Juda ku-Pilati:
Ungabàli *ngokuti:* Ukumkani wama-Juda;
koko uti watsho yena ukuti: Ndingu-ku-
mkani wama-Juda. 22 Wati ukupendula
u-Pilati: Oko ndikubàlileyo, ndikubà-
lile.
23 Andula amasodati, okuya abemkuru-
seshile u-Yesu, atabata izivato zake, enza
izahlulo zazine, sibe sisahlulo sinye kuma-
sodati amanye ngamanye, kwa nengubo *yake*
yapantsi: kekaloku ingubo *yake* yapantsi
ibe ingenamtungo, ilukiwe ipela kutabata
pezulu. 24 Ati ngoko elinye kwelinye:
Masingarazuli yona, koko masenze amaqa-
shiso ngayo, okuba yoba yekabanina:
ukuze isibàlo sizaliseke, esiti: Babelana
izivato zami, napezu kwengubo yami benza
amaqashiso. Ezizinto ke ngoko amasodati
lawo azenza.
25 Kekaloku kube kumi ngakuyo iku-
ruse ka-Yesu unina, nodade wonina, u-
Mariya *umfazi* ka-Kelopasi, no-Mariya
wase-Magadala. 26 Waza u-Yesu akubona
unina, nalomdisipile emi kufupi abemta-
nda, wati kunina: Mfazi, nanko unyana
wako! 27 Wandula wati kulomdisipile:
Nanko unyoko! Waza umdisipile lowo
emveni kweloxeshana wamtabatela eka-
yeni lake.
28 Emveni kwoku, esazi u-Yesu ukuba
zonke izinto zise zigqityiwe, ukuze sifezwo
isibàlo, wati: Ndiyanxanwa. 29 Kekaloku
bekumi *kona* isitya sizele yiyasine: baza
bazalisa ikepekepe ngeyasine, balifaka
kwihisope, balisondeza emlonyeni wake.
30 Wandula u-Yesu akuba eyamkele iya-
sine leyo, wati: Kugqityiwe! waza wa-
toba inkloko, wanikela umpefumlo.
31 Andula ati ama-Juda, ngennxa yo-
kuba ibiyimmini yokulungiselela, ukuze
imizimba ingahlali ekuruseni ngesabata,
(ngokuba ubungumhla omkulu owesabata
leyo,) amtandaza u-Pilati ukuba mayapu-
lwe imilenze yabo, baze basuswe. 32 Eza
ngoko amasodati, ayapula imilenze yowo-
kuqala, neyomnye obekuruseshwe naye.
33 Kodwa efikile ku-Yesu, akubona ukuba
usel' efile yena, awayapula imilenze yake;
34 koko elinye lamasodati lahlaba icala
lake ngomkonto, kwaza kwasekupuma igazi
namanzi. 35 Nalowo oboniloyo unqinile,
nobunqina bake buyinnyaniso: kanjalo
uyazi yena ukuba uyateta okuyinnene,
ukuze nikolwe. 36 Ngokuba zenzekile
ezizinto, ukuze isibàlo sizaliseke, *sokuti:*



University of Fort Hare

Aliyi kwapulwa nalinye itambo lake. 37
Nakanjako esinye isibàlo sitsho ukuti:
Baya kukangela lowo bamhlabayo.
38 Kekaloku emveni kwezizinto, u-
Josefe wase-Arimateya, engumdisipile ka-
Yesu, enjalo kodwa ngasese ngennxa yo-
kwoyika ama-Juda, wamtandaza u-Pilati
ukuba makasuse umzimba ka-Yesu: waza
u-Pilati wamvumela. Weza ngoko, wa-
wususa umzimba ka-Yesu. 39 Weza
kanjalo no-Nikodemo, lowo wezayo ku-
Yesu ngobusuku ekuqaleni, ezisa impiti-
kezo yemore nekala, zinga iponti zilikulu
linye. 40 Bandula bawutabata umzimba
ka-Yesu, bawubopa ngeqiya zokubopa
ndawonye nezimnandi ezo, njengokuba
ama-Juda enesiko lokunewaba.
41 Kekaloku kulondawo apo ebekuruse-
shelwe kona bekuko umyezo, nakulomyezo
inewaba elitsha, ekungazanga kubekwe
'mntu kulo. 42 Kwa lapo ngoko, ngennxa
yemmini yokulungiselela yama-Juda, kuba
libe kukupi inewaba elo, bambeka u-Yesu.

20 KEKALOKU ngolwokuqala *usuku*
lweveki weza u-Mariya wase-Maga-
dala kusasa, kwakuba kusebumnyama,
enewabeni, wabona ukuba ilitye lisusiwe
enewabeni. 2 Wandula wagidima, waya
weza ku-Simone Petrosi, nakulomdisipile
omnye obetandwa ngu-Yesu, wati kubo:
Bayisusile INKOSI enewabeni, asazi ke bayi-
bekile pina.
3 Wapuma ngoko u-Petrosi, nalomdisi-
pile omnye, baya ukuya enewabeni. 4 Ba-
begidima ke bobabini kunye: waza lomdi-
sipile omnye wampangela u-Petrosi, eba-
leka ngamendu amakulu kwawake, wafika
tanci enewabeni: 5 wati etobile pantsi
wabona iqiya zokubopa zilele; kodwa
akangena noko. 6 Kwandula kweza u-
Simone Petrosi emlandela, wangena enewa-
beni, wabona iqiya zokubopa zilele, 7 ne-
qiya ebisenklokweni yake, ingalali neqiya
zokubopa, koko isongelwe kwennye indawo
iyodwa. 8 Wandula ngoko wangena na-
lomdisipile omnye, lowo wafika tanci
enewabeni, wabona naye, wakolwa. 9
Ngokuba bebengekasazi isibàlo, sokuba
ufanele ukuvuka ekufeni. 10 Baza bemka
abadisipile abo babuya bagoduka.
11 Kodwa u-Mariya ebemi ngasenewa-
beni ngapandhle elila: uxa abelila ke,
watobela pantsi enewabeni, 12 wabona
ingelosi zambini zinezivato ezimhlope zi-
hleli, ennye ngasenkloko, ennye ngasezin-
nyaweni, apo umzimba ka-Yesu ubulele
kona. 13 Zaza zati zona kuye: Mfazi!
ulilela nina? Wati kuzo: Ukuba beyisu-
sile INKOSI yami, ndingazi ke bayibekile
pina. 14 Waza akuba etshilo wajikela
'mva, wambona u-Yesu emi; kanti ebengazi
ukuba nguye u-Yesu. 15 Wati u-Yesu
kuye: Mfazi! ulilela nina? ufuna 'banina?
Yena eba ungumlimi womyezo, wati kuye:
Nkosi! ukuba uyisusile apa, ndixelele apo
uyibekile pina, ndandiya kuyitabata. 16
Wati u-Yesu kuye: Mariya! Wajika yena,
wati kuye: Raboni! (oko kukuti: Mfu-
ndisi!) 17 Wati u-Yesu kuye: Ungandi-
cukumisi; ngokuba ndingekanyukelanga
KUBAWO: kodwa yiya kubazalwana bami,
uti kubo: Ndiyanyukela kuye UBAWO wami
NOYIHLO wenu, kwa UTIXO wami NOTIXO
wenu.
18 Weza u-Mariya wase-Magadala wa-
shumayela kubadisipile okokuba uyibonile
INKOSI, nokuba yateta ezizinto kuye.
19 Kwati kekaloku kwakuba kukuhlwa,
ngolosuku ke, ngolwokuqala lweveki,
ingcango zivaliwe nje apo abadisipile be-
behlanganisene kona ngennxa yokwoyika
ama-Juda, weza u-Yesu wema pakati, wati
kubo: Uxolo malube kuni! 20 Waza
akuba etshilo wababonisa izandhla *zake*
necala lake. Bandula bavuya abadisipile
bakuyibona INKOSI. 21 Wandula u-Yesu
wati kubo kanjako: Uxolo malube kuni!
njengokuba UBAWO enditumile mina, kwa
njalo nami ndiyatuma nina. 22 Waza
akuba etshilo wapefumla pezu *kwabo*, wati
kubo: Yamkelani umoya oyingcwele: 23
abo nisukuba nizikulula izono zabo, ziya-
bakululelwa; abo nisukuba nizibamba
ezabo, zibambekile.
24 Kodwa u-Tomasi, omnye wakubo
abalishumi linababini, o-kutiwa ngu-Didi-
musi, ebengeko nabo oko wezayo u-Yesu.
25 Baye besiti ngoko kuye abanye abadi-
sipile: Siyibonile INKOSI. Kodwa yena
wati kubo: Xeshekweni ndingati upau
lwezikonkwane ndilubone ezandhleni zayo,
nomnwe wami ndiwufake elupawini lwe-
zikonkwane, nesandhla sami ndisifake eca-
leni layo, andisayi kukolwa.
26 Kekaloku emveni kwentsuku zisi-
bozo abadisipile bake bebepakati kanjako,
no-Tomasi ebenabo. Weza u-Yesu, ingca-
ngo zivaliwe nje, wema pakati, wati: U-
xolo malube kuni! 27 Wandula wati ku-



University of Fort Hare

Tomasi: Sondeza umnwe wako apa, uka-
ngele izandhla zami; sisondeze nesandhla
sako, usifake ecaleni lami; uz' ungabi
ungakolwa, ube ukolwa. 28 Waza wape-
ndula u-Tomasi wati kuye: Nkosi yami
notixo wami! 29 Wati u-Yesu kuye:
Ngokokuba undibonile, Tomasi! ukoliwe:
banetamsanqa abo abangabonanga, kanti
bakoliwe *noko.*
30 Neminye imimangaliso ke okunene
emininzi wayenza u-Yesu ebusweni baba-
disipile bake, engabàliweyo kulennewadi:
31 kodwa ibàliwe le, ukuze nikolwe ukuba
u-Yesu unguye u-Krestu, unyana katixo;
nokuze niti nikolwa nibe nobomi egameni
lake.

21 EMVENI kwezizinto wabuya wazibo-
nakalisa u-Yesu kubadisipile, ngase-
lwandhle lwase-Tiberiyasi: kwaye kunje
ke ukuzibonakalisa kwake: 2 Bebeko
ndawonye u-Simone Petrosi, no-Tomasi o-
kutiwa ngu-Didimusi, no-Natanayeli wase-
Kana ese-Galili, nabo *onyana* baka-Zebedi,
nabanye kubo abadisipile bake bebabini.
3 Wati kubo u-Simone Petrosi: Ndiya-
hamba ukuya kuloba inklanzi. Bati kuye:
Siyeza nati kunye nawe. Bapuma ke,
baya bangena ennqanaweni kwa oko;
kanti ngobobusuku ababamba 'nto.
4 Kekaloku kwakuba kuse kusile, wema
u-Yesu elunxwemeni: kodwa bebengazi
abadisipile noko ukuba ngu-Yesu. 5 Wa-
ndula wati kubo u-Yesu: Bantwana! kuko
inklanzi eninayo na? Bati ukumpendula:
Hai. 6 Waza wati kubo: Posani utambo
ngelokunene icala lennqanawa, naniya
kufumana. Baluposa ke, baza basebeko-
hlwa ukulutsala ngennxa yobuninzi ben-
klanzi. 7 Wati ngoko umdisipile lowo
obetandwa ngu-Yesu ku-Petrosi: Yiyo
Inkosi. Wandula u-Simone Petrosi, akuva
ukuba yiyo Inkosi, wazibinqa ngengubo
*yake* yapezulu, (ngokuba ebezé,) waziwisa
elwandhle. 8 Kodwa abanye abadisipile
beza ngomkombe, (ngokuba bebengekude
nomhlaba, bebengati bazikubite ezimakulu
mabini ukuba kude kwabo,) berola utambo
lunenklanzi. 9 Bandula bati bakupumela
emhlabeni, babona umlilo wamalahle umi
*kona,* nenklanzi ilele pezu kwawo, neso-
nka. 10 Wati kubo u-Yesu: Zisani kwe-
zonklanzi nizibambileyo ngoku. 11 We-
nyukela *emkonjeni* u-Simone Petrosi, wa-
lutsala utambo pezu kwomhlaba, luzele
zinklanzi ezinkulu, zilikulu elinamashumi
mahlanu anantatu: kanti nangona zibe
zininzi kangaka, alwarazuka utambo. 12
Wati kubo u-Yesu: Yizani nidhle. Ke-
kaloku bekungeko namnye wabadisipile
obenokukalipa kwokumbuza *ukuti:* Ungu-
banina? besazi ukuba yiyo Inkosi. 13
Wandula weza u-Yesu, watabata isonka
eso, wabanika; wenje njalo nangenkla-
nzi.
14 Eli selilixesha lesitatu wazibonaka-
lisayo u-Yesu kubadisipile bake, akuba
ebevukile ekufeni.
15 Kekaloku xeshekweni bebedhlile,
wati u-Yesu ku-Simone Petrosi: Simone,
*nyana* ka-Jona! uyanditanda na ngokukulu
kubo aba? Wati kuye: Ewe, Nkosi!
uyazi ukuba ndiyakutanda. Wati kuye:
Dhlisa imvana zami ukutya. 16 Wati
kuye kanjako ngokwesibini: Simone,
*nyana* ka-Jona! uyanditanda na? Ewe,
Nkosi! uyazi ukuba ndiyakutanda. Wati
kuye: Yalusa izimvu zami. 17 Wati kuye
ngokwesitatu: Simone, *nyana* ka-Jona!
uyanditanda na? Waba lusizi u-Petrosi
ukuba wati kuye ngokwesitatu: Uyandi-
tanda na? Waza wati kuye: Nkosi! uya-
zazi zonke izinto; uyazi ukuba ndiyaku-
tanda. Wati u-Yesu kuye: Dhlisa izimvu
zami ukutya. 18 Ngokwennene, ngokwen-
nene, nditi kuwe: Okuya ubusemtsha,
ubuzibinqa ngokwako, wahamba apo ubu-
tanda *ukuhamba* kona; kodwa xeshekweni
uba mdala, uya kuzolula izandhla zako,
waeya kuti omnye akubinqe, akuse apo
ungatandi *ukuya* kona. 19 Oku ke waku-
tsho, eqondisa ukuba kukufa okunina uya
kumenzela Utixo ubungcwalisa ngako.
Waza akuba ebetshilo oku, wati kuye:
Ndilandele.
20 Waza u-Petrosi, ejikile nje, wabona
lomdisipile obetandwa ngu-Yesu elandela;
obete kanjalo wahlala pantsi esidhlweni
sokuhlwa ngasesifubeni sake, wati: Nkosi!
ungubanina okungcatshayo? 21 Wati u-
Petrosi ku-Yesu, akumbona lo: Nkosi!
naló wotiwa nina? 22 Wati u-Yesu kuye:
Ukuba ndiyatanda okokuba ahlale yena
ndide ndize, kuyinto nina kuwe *oko?*
ndilandele wena. 23 Kwandula kwapuma
isiteto esi pakati kwabazalwana, sokuba
umdisipile lowo akayi kufa: kanti u-Yesu
akatsho kuye ukuti, akayi kufa; wati:
Ukuba ndiyatanda okokuba ahlale yena
ndide ndize, kuyinto nina kuwe *oko?*



University of Fort Hare

24 Lo unguye umdisipile onqìnayo
ngazo ezizinto, owazibàlayo kanjalo; siyazi
ke ukuba ubunqìna bake buyinnene.
25 Kuko kwa nezinnye izinto ezinninzi
owazenzayo u-Yesu, eziti, ukuba beziya
kubàlwa ezinnye ngezinnye, ndiba kwa
lona ilizwe ngelingazifumaneli indawo
inncwadi ezibe zibàlwa. Amene.

# IZENZO ZABAPOSTILE.

ISAHLUKO I.

INNCWADI yapambili ke, Teyofilusi!
ndayenza ngako konke waqalayo u-
Yesu kwa nokukwenza nokukufundisa,
2 kwada kwayimmini wabenyuswa ngayo,
akuba ebebayalele ngomoya oyingcwele
abapostile abebanyulile: 3 abete kanjako
wazityila kubo ukuba uhleli, emveni kwo-
kuva kwake inklungu, ngezizatu eziqini-
leyo ezininzi, ebonakala kubo imihla
yamashumi mane, eteta izinto ezingabo
ubukumkani BUKATIXO. 4 Waza ehlanga-
nisene *nabo* wabayala ukuba mabangemki
e-Yerusaleme, mabalinde isibambiso SOYISE,
—eso, *watsho yena*, enisivileyo kumi: 5
ngokuba u-Johane okunene wabapitizesha
ngamanzi; kodwa nina nobapitizeshwa
ngomoya oyingcwele, intsuku ezingenni-
nzi emveni kwezi.
6 Kwa njalo ke bakuba bebebutene, ba-
buza kuye, besiti: Nkosi! ubuya ubumi-
sele o-Sirayeli ubukumkani ngelixesha
kusinina? 7 Waza wati kubo: Asi ko-
kwenu ukwazi amaxesha namatuba UBAWO
awabekileyo ngelake igunya; 8 koko niya
kwamkela amandhla, akuba umoya oyin-
gcwele ehlile pezu kwenu; naniya kuba
ngamanqìna ami kwa nakuyo i-Yerusaleme,
nakuyo yonke i-Judeya ne-Samariya, na-
kude kube sekupeleni kwomhlaba.
9 Kekaloku akuba ebetshilo oku, nxa
bebekangela bona, wafunqulwa, lati ilifu
lamsusa emehlweni abo. 10 Naxeshekweni
bebejongela ngasezulwini ekumkeni kwake,
bona ke, amadoda amabini ebemi kufupi
nabo enezivato ezimhlope; 11 abesitsho
kanjalo ukuti: Madoda ase-Galili! yinina
ukuba nimi nikangela ezulwini? lo u-Yesu
obenyuswa kuni wasiwa ezulwini, uya
kuza njalo njengokuba nimbonile esiya
ezulwini.
12 Bandula babuyela e-Yerusaleme *be-
buya* entabeni e-kutiwa yeyeminquma,
emgama wehambo yesabata ukuba kufupi
kwayo ne-Yerusaleme. 13 Bati bakuba
bengenile, benyukela enkambilini yapezulu
apo bebehlala kona; kwa u-Petrosi, no-
Yakobi, no-Johane, no-Andreya; u-Filipi,
no-Tomasi; u-Batolomeyu, no-Mateyu; u-
Yakobi *unyana* ka-Alefeyu, no-Simone
umzeloti, no-Jude *umninawe* ka-Yakobi.
14 Aba bonke bebezingisa ngenkliziyo
'nnye ekutandazeni nasekukungeni, kunye
nabafazi no-Mariya unina ka-Yesu, nakunye
nabazalwana bake.
15 Kekaloku kwezintsuku wesuka wema
u-Petrosi pakati kwabadisipile, (ngati inani
lamagama abebendawonye lalilikulu lina-
mashumi mabini,) wati: 16 Madoda, baza-
lwana! bekufanele ukuba esisibàlo sizali-
seke, eso umoya oyingcwele wasitetayo
ngapambili ngomlomo ka-Davide, ngaye
u-Jude obengumkokeli kubo abambambayo
u-Yesu: 17 ekubeni ebebalwe pakati
kwetu, wazuza isabiwo sobukonzi obu.
(18 Lo ke kekaloku watenga intsimi ngom-
vuzo wenkohlakalo *yake;* waza ewile ngen-
kloko wacandeka pakati, ati onke amatu-
mbu ake apalaka: 19 kwasuka kwazeka
*oku* kubo bonke abebemi e-Yerusaleme,
lada labizwa igama lentsimi leyo ngokwa-
kowabo ukuteta ngokuti yi-Akelidama,
oko kukuti yintsimi yegazi.) 20 Ngokuba
kubàliwe enncwadini yamaculo *ukuti:*
Maibe indhlu yake icitakele; makungabiko
namnye ohlala kuyo: *nokuti:* Mabutatya-
twe ngomnye ubongama bake. 21 Kufa-
nelekile ngoko, ukuba iti ennye yalamadoda
apelekene nati lonke ixesha INKOSI u-Yesu
yangena yapuma ngalo pakati kwetu, 22
ekuqaleni kwayo kulo ubapitizesho luka-
Johane, kwada kwayimmini yabinyuswa
ngayo kuti, ibe linqìna lokuvuka kwayo
kunye nati.



University of Fort Hare

23 Baza bamisa ababini, u-Josefe obi-
zwa ngo-Barasaba, owatiywa elinye igama
elingu-Yusitusi, no-Matiya. 24 Batandaza
bati: Wena, NKOSI, ozaziyo inkliziyo zabo
bonke! bonakalisa abe 'mnye waba 'babini,
lowo umnyulileyo, 25 ukuba atabate isa-
biwo sobubukonzi nobupostile, ate u-Jude
wapambuka kubo, ukuba aye endaweni
yake. 26 Baza banika amaqashiso abo,
lati iqashiso lawa pezu kwake u-Matiya;
waza wabalelelwa nabapostile abalishumi
linamnye.

2 KEKALOKU nxa ubusel' ufika umhla
wepentekoste, bebeko kwa bonke ngen-
kliziyo 'nnye endaweni 'nnye. 2 Kwaza
kwavela ngokwalama ezulwini isandi nje-
ngesommoya uqutela ngamandhla, sazalisa
yonke indhlu apo babehleli kona. 3 Kwaza
kwabonakala kubo ilwimi zanga zezomlilo
zizahlulahlula, zahlala ngezinnye pezu
kwabo bonke ngabanye. 4 Baza bazaliswa
kwa bonke ngumoya oyingcwele, baqala
ukuteta ngezinnye inteto, njengokuba U-
MOYA wabebanika ukupimisela.
5 Kekaloku kube kuhlala e-Yerusaleme
ama-Juda, amadoda abubedesho, evela kuzo
zonke inklanga ezipantsi kwezulu. 6
Kwati kwakwenziwa lenklokoma, wabu-
tana umhlambi, watiwa piti, kuba bonke
ngabanye bebebova beteta ngokwakowabo
ukuteta. 7 Babemangaliswa ke bonke,
bati nqa, besiti omnye kwomnye: Bona
ke, bonke aba abatetayo asi ngawo ama-
Galili na? 8 kunganina pofu ukuba sive
tina ngabanye ngokwakowetu ukuteta esa-
sizelwe kuko?—9 ama-Paratiya, nama-Medi,
nama-Helami, nabemiyo e-Mesopotami,
nase-Judeya, nase-Kapadosiya, e-Pontusi,
nase-Asiya, 10 nase-Firijiya, nase-Pamfi-
liya, e-Jipete, nasezahlulweni zase-Libiya
kufupi ne-Kirene, nabaranukeli base-Roma,
kwa ama-Juda nabangeneyo ebujudeni, 11
ama-Kirete, nama-Arabi,—siyabeva beteta
ngezetu inteto izinto ezinkulu ZIKATIXO.
12 Babemangaliswa ke bonke, baxakeka,
besiti omnye kwomnye: Kungafun' ukuba
yinto nina oku? 13 Kodwa abanye be-
hleka babesiti: Bazele yiveyine emnandi.
14 Kodwa u-Petrosi, emi kunye nabali-
shumi linamnye, wapakamisa ilizwi lake,
wapimisela ukuti kubo: Madoda ase-
Judeya, nani nihlalayo e-Yerusaleme no-
nke! makwazeke oku kuni, ninikele ama-
zwi ami indhlebe: 15 ngokuba aba benga-
nxili, njengokuba nizindhla nina; ngokuba
kuyiyure yesitatu yemmini. 16 Koko
oku kukoko kutetiweyo ngumprofite u-
Joweli, *ukutiwa:* 17 Kwakuya kuti emi-
hleni yokupela, utsho UTIXO, ndogalela
KUMOYA wami pezu kwoluntu lwonke; ba-
beya kuprofitesha onyana benu nentombi
zenu; amadodana enu aya kubona imibo-
niso, namaxego enu aya kupupa amapupa:
18 ewe, napezu kwezicaka zami, napezu
kwezicakakazi zami, ndiya kugalela KU-
MOYA wami ngaleyomihla, zaziya kuprofite-
sha ke. 19 Ndandiya kunika imimanga-
liso ezulwini pezulu, nemiqondiso pezu
kwomhlaba ezantsi, igazi, nomlilo, nenku-
ngu yomsi. 20 Ilanga liya kuguqulwa
libe 'bumnyama, nenyanga ibe ligazi,
ungekafiki umhla omkulu okazimlayo
KAYEHOVA. 21 Kwakuya kuti, bonke abaya
kubiza egameni LIKAYEHOVA bosindiswa.
22 Madoda, bo-Sirayeli! yivani amazwi
la: U-Yesu um-Nazarete, umntu obo-
nakalisiweyo kuni ukuba uvela KUTIXO
ngezenzo zamandhla, nangemimangaliso,
nangemiqondiso, owazenzayo UTIXO ngaye
pakati kwenu, njengokuba nisazi nani ngo-
kwenu; 23 lo, enikelwe ngecebo elimisi-
weyo nangokwazi okupambili KUKATIXO,
nimtabatile, nambetela *ekuruseni* ngeza-
ndhla zabaginwa, nambulala: 24 ate UTIXO
wamvusa, ekulule inklungu zokufa; ngo-
kokuba bekungenzeki ukuba abanjwe kuko.
25 Ngokuba u-Davide esiti ngaye: Ndam-
bona UYEHOVA pambili pambi kwami futi,
kuba engasekunene kumi, ukuze ndinga-
shukunyiswa. 26 Ngennxa yoku inkli-
ziyo yami yavuya, nolwimi lwami lwagco-
ba; nakanjako nennyama yami iya kupu-
mla ngetemba: 27 ukuba ungayi kushiya
umpefumlo wami ehadesi, nokuba ungayi
kuyekelela oyingcwele yako abone uku-
bola. 28 Wandazisa indhlela zobomi; uya
kundizalisa ngovuyo ebusweni bako. 29
Madoda, bazalwana! Ndingateta ndino-
kukalipa kuni ngaye uyise omkulu u-
Davide, okokuba wabuba yena wancwatywa
kananjalo, nokuba incwaba lake liko pakati
kwetu kude kwanamhla nje. 30 Kekaloku
engumprofite nje, esazi kanjako ukuba
UTIXO ebefungile kuye ngesifungo sokuti
uya kumvusa u-Krestu, ngokwennyama,
kwisiqamo sesinqe sake, ukuza kuhlala
pezu kweterone yake; 31 ekubona *oku*
ngapambili nje, wateta ngako ukuvuka
kuka-Krestu, ukuba umpefumlo wake wa-



University of Fort Hare

bungashiywa ehadesi, nokuba innyama
yake yabingaboni ukubola. 32 Yena lo
u-Yesu UTIXO wamvusa, esingamanqina ako
tina sonke. 33 Ngako epakanyiselwe
kwesokunene SIKATIXO, nesibambiso somoya
oyingcwele esamkele nje KUYISE, ugalele
oku enikubonayo nenikuvayo ngoku. 34
Ngokuba u-Davide engenyukelanga ezu-
lwini; koko esiti yena: Wati UYEHOVA
KWINKOSI yami: Hlala ngasekunene kumi,
35 ndide ndenze intshaba zako zibe sisitulo
sennyawo zako. 36 Maiti ngoko yonke
indhlu ka-Sirayeli iqinise ukwazi, ukuba
yena UTIXO umenzile INKOSI no-Krestu,
yena lo u-Yesu onimkuruseshileyo.

37 Kekaloku bakuva *oku*, bahlatywa
enkliziyweni, bati ku-Petrosi nakwabanye
abapostile: Siya kwenza 'nto nina, madoda,
bazalwana?

38 Waza u-Petrosi wati kubo: Guqu-
kani, nibapitizeshwe nonke ngabanye ega-
meni lika-Yesu Krestu, kube kukuxolelwa
kwezono, naniya kwamkela isipiwo somoya
oyingcwele. 39 Ngokuba isibambiso se-
nzelwe nina, nabantwana benu, nabo bonke
abakude, abo abasukuba bebizwa YINKOSI
UTIXO wetu. 40 Wabenqinisa nangamanye
amazwi amaninzi, wa*ba*yala, esiti: Zisi-
ndiseni kwesisizukulwana esigwenxa.

41 Bandula abo ke abalamkelayo ilizwi
lake ngovuyo, babapitizeshwa: kwaza
kwongezelelwa *kubo* ngaleyommini imipe-
fumlo yanga yamawaka matatu.

42 Baye bemana ukuhlala elufundisweni
lwabapostile, nasebudhlelaneni, nasekuqe-
zulweni kwesonka, nasemitandazweni.
43 Kwasuka kwabako ukwoyika pezu
kwayo yonke imipefumlo; kanjalo imima-
ngaliso nemiqondiso emininzi ibisenziwa
ngabapostile. 44 Babe ke bonke abako-
lwayo bendawonye, babala zonke izinto
ukuba zizezabo bonke, 45 batengisa ngem-
fuyo *zabo* nangempahla *zabo*, bazahlula-
hlula kubo bonke, njengoko kusukuba
umntu enokuswela ngako. 46 Kanjako,
bemana ukuhlala imihla ngemihla ngen-
kliziyo 'nnye etempileni, beqezula isonka
ngezindhlu ngezindhlu kanjalo, babesa-
mkela ukutya kwabo ngemgcobo nango-
lungelelwano lwenkliziyo. 47 bedumisa U-
TIXO, benokubukwa nangabo bonke abantu.
Yaibe INKOSI isongezelela abebesindiswa
imihla ngemihla erementeni

3 KEKALOKU u-Petrosi no-Johane be-
benyukela etempileni kunye ngeyure
yokutandaza, ngeyesitoba. 2 Kwaye ku-
twalwa indoda etile ebisisiqwala kwa
sesizalweni sonina, eyabibekwa imihla
ngemihla ngasesangweni letempile eli-
kutiwa Lelihle, ukuze icele amalizo kwabo
babengena etempileni; 3 eyati yakubona
u-Petrosi no-Johane beza kungena etempi-
leni, yatandaza ukuba iwamkele umlizo.
4 Waza u-Petrosi, ebeke amehlo pezu
kwayo kunye no-Johane, wati: Kangela
ngakuti. 5 Yabagqala ke, ilinda ukwa-
mkela into kubo. 6 Wayesiti u-Petrosi:
Isilivere negolide aziko kumi; kodwa oko
endinako ndiyakupa kona: Egameni lika-
Yesu Krestu um-Nazarete, suka uhambe.
7 Waza wayibamba ngesokunene isandhla,
wayisukisa: zasezisomelela innyawo zayo
namaqata *ayo* kwa oko. 8 Yaza isuka
ngokutsiba yema yahamba, yangena kunye
nabo etempileni, ihamba, itsiba, idumisa
UTIXO. 9 Bati bonke abantu bayibona
ihamba, idumisa UTIXO: 10 baye beyazi
ukuba ingulowo obehlalela amalizo nga-
sesangweni letempile eli-Lelihle: baza
bazaliswa kukuti nqa nakukumangaliswa
pezu kwokuyihleleyo.

11 Kekaloku nxa isiqwala esasipilisiwe
sibe sibambelela ku-Petrosi no-Johane,
bonke abantu babalekela kubo kunye ente-
ndelezweni ebizwayo ngokutiwa yeka-
Solomone, besiti nqa kakulu.

12 Waza u-Petrosi, akubona *oko*, wapo-
ndula ebantwini, *wati*: Madoda, bo-
Sirayeli! yinina ukuba nikutele nqa oku?
kanjalo yinina ukuba nisijonge tina, nje-
ngokungati simenzile lo*mntu* ahambe nga-
wetu amandhla nobubedesho? 13 UTIXO
ka-Abrahame, noka-Yisake, noka-Yakobi,
UTIXO wobawo betu, wenzele isicaka sake
u-Yesu ubungcwalisa; enite nina nammi-
kela, namkanyela ngasebusweni buka-
Pilati, akuba ebegwebile yena ukuba aku-
lulwe. 14 Kodwa namkanyela oyingcwele
nolungileyo, nacela ukuba nipiwe um-
bulali; 15 noyimbangi yobomi namfisa,
ate UTIXO wamvusa ekufeni, esingamanqina
ako tina. 16 Nangalo ukolo egameni
lake, lomntu enimbonayo nenimaziyo igama
lako limomelezile: ewe ukolo olungayo
lamnika okukuwila okufezekileyo pambi
kwenu nonke. 17 Nakaloku, bazalwana!
ndiyazi ukuba nanikwenza *oku* ngako uku-
ngazi, njengokuba *benje njalo* nabapati



University of Fort Hare

benu. 18 Kodwa ezonto UTIXO wazishu-
mayelayo pambili ngomlomo wabo bonke
abaprofite bake, zokuba u-Krestu eve
inklungu, uzizalisekisile ngokunjalo. 19
Gqobokani ngoko, niguquke, ukuba zici-
nywe izono zenu ; ukuze kube kufika ama-
xesha onwabiso evela ebusweni BENKOSI ;
20 ize itume u-Yesu Krestu obeshunyaye-
lwe pambili kuni ; 21 ekufanele ukuba
izulu limamkele kude kube ngamaxesha
okuhlaziywa kwezinto zonke, ate UTIXO
wateta ngawo ngomlomo wabo bonke aba-
profite bake abangcwele bakudala. 22
Ngokuba u-Mosesi watsho kubo obawo
ukuti : UYEHOVA, UTIXO wenu, wonivusela
umprofite, kubazalwana benu, njengami :
yena niya kumva ngento zonke asukuba
eziteta kuni. 23 Kwakuya kuti, yonke
imipefumlo esukuba ingamva umprofite
lowo, iya kutshatyalaliswa ebantwini.
24 Ewe nabaprofite bonke, kutabata ku-
Samyali nabalandelana kamva, kwa bonke
abatetileyo, bashumayela pambili nabo
ngalemihla. 25 Nina nilusapo lwabapro-
fite, nolwocebano owalwenzayo UTIXO no-
bawo betu, esiti ku-Abrahame : Kanjalo
ngenzalo yako ziya kutanyusanqelwa zonke
izizalwane zomhlaba. 26 Kuni kuqala,
UTIXO, esivusile isicaka sake u-Yesu, wasi-
tuma sibe sinitamsanqela, ekunisongeni
nonke ngabanye kwizikohlakalo zenu.

4 Kekaloku nxa bebeteta ebantwini, kwa-
babaqa abaperisite, nenkosi yetempile,
nabasadusi, 2 bebindekile ngennxa yokuba
bebefundisa abantu, nokuba bebeshumayela
ngaye u-Yesu ukuvuka kwabafileyo. 3 Baza
babeka izandhla pezu kwabo, babafaka
entolongweni kude kube ngomso ; ngokuba
kube kuse kuhlwile. 4 Kodwa abaninzi
bababelivile ilizwi bakolwa ; laye lite
inani lamadoda langa laba ngamawaka
mahlanu.

5 Kwaza kwati ngomso, kwahlangani-
sana abapati babo, nabadala, nababàli, e-
Yerusaleme, 6 no-Anasi umperisite omkulu,
no-Kayafasi, no-Johane, no-Aletsandere,
nabo bonke ababesalamana nomperisite
omkulu. 7 Baza bakuba bebebamisile pa-
kati, babuza, *besiti :* Kungawanina ama-
ndhla, umhlaumbi ngelanina igama, eni-
kwenzile oku nina ? 8 Wandula u-Petrosi,
ezalisiwe ngumoya oyingcwele, wati kubo :
Bapati babantu nabadala bo-Sirayeli ! 9
ukuba tina namhla nje siyabuzwa pezu
kwesenzelelo wasenzelwa umlwelwe, u-
kuba kunganto nina lo upilisiwe ; 10 ma-
kwazeke kuni nonke, nakubo bonke abantu
bakwa-Sirayeli, okokuba kungegama lika-
Yesu Krestu um-Nazarete, lowo nina nam-
kuruseshayo, ate UTIXO wamvusa ekufeni,
kungaye lo ukuba lo*mntu* umi apa ebusweni
benu epilile. 11 Nguye lo ilitye elalide-
liwe nini 'baki, elaba yinkloko yegumbi.
12 Kanjako akuko 'lusindiso kuwumbi
namnye : ngokuba kungeko nagama limbi
ngapantsi kwezulu elinikiweyo pakati
kwabantu, esifanele ukusindiswa ngalo.

13 Kekaloku bebona ukukalipa kuka-
Petrosi no-Johane, beqiqile nokuba banga-
bantu abangabangenalufundo nabamnyama,
bati nqa, babanakana ukuba bebenayo u-
Yesu. 14 Kanjalo bebona umntu obepili-
siwe emi nabo, bebengenanto yokupika.
15 Kodwa bebayalele ukuba bapume
enklanganisweni, bacebisana omnye nom-
nye, 16 besiti : Siya kwenza 'nto nina
kwababantu ? ngokuba okunene kubonâ-
kala kubo bonke abemiyo e-Yerusaleme,
ukuba ummangaliso owazekileyo wenzekile
ngabo ; asingekukanyele ke. 17 Noko,
ukuze kungavakaliseki kakulu ngakumbi
ebantwini, masibasongele kunene, ize ba-
ngabi sateta nakomnye umntu ngeligama.
18 Baza bakuba bebabizile, babayalela
ukuba mabangake batete nokuba mabanga-
fundisi ngegama lika-Yesu.

19 Kodwa u-Petrosi no-Johane bape-
ndula bati kubo : Yahlulani, ukuba kufa-
nekile na ebusweni BUKATIXO ukuva nina
ngapezu kwo*kuva* UTIXO : 20 ngokuba
singebe nako ukuti, izinto esiziboniléyo
nesiziviléyo, singaziteti. 21 Kekaloku
bepindile ukubasongela babakulula, benga-
fumani 'ndawo yokuba bangabohlwaya
ngayo, ngennxa yabantu ; kuba bonke be-
bedumisa UTIXO pezu kwoko kwenzekileyo.
22 Ngokuba ebegqitisile iminyaka ema-
shumi mane ngobudala, lowamntu okube
kwenzekile kuye lommangaliso wokupi-
lisa.

23 Baza bekululwe nje baya kowabo,
bashumayela konke abaperisite abakulu
nabadala babe bekutshilo kubo. 24 Bati
ke bakuva, balipakamisela KUTIXO ilizwi
*labo* ngenkliziyo 'nnye, batsho ukuti :
NKOSI ! nguwe UTIXO owenzayo izulu,
nomhlaba, nolwandhle, nento zonke ezi-
kuzo : 25 owatshoyo ngomlomo ka-Davide
isicaka sako ukuti : Yinina ukuba abaheyi-
deni benza imbutumbutu, nokuba izizwe



University of Fort Hare

zacinga izinto ezingendawo? 26 Ukumkani
bomhlaba bema, nenkosi zabutana nda-
wonye, ngakuye UYEHOVA, nangakuye u-
Krestu wake. 27 Ngokuba ngennyaniso
kwabutana ngakuso isicaka sako esingcwele
u-Yesu, omtambisileyo, kwa no-Herodi
no-Pontiyusi Pilati, kunye nabaheyideni
nezizwe zo-Sirayeli, 28 ukwenza konke
isandhla sako necebo lako lamisela ngapa-
mbili ukuba kwenziwe. 29 Nokwakaloku
nje, NKOSI! kangela izisongelo zabo, unike
ezicakeni zako ukuba zitete ilizwi lako
zinokukalipa konke, 30 ngokwolulwa kwe-
sandhla sako ukupilisa, nokwenziwa kwe-
miqondiso nemimangaliso ngalo igama
lesicaka sako esingcwele u-Yesu.
31 Yaza indawo ababe behlanganisene
kuyo, bakuba betandazile, yashukunyiswa,
bati kwa bonke bazaliswa ngumoya o-
yingcwele, bateta ilizwi LIKATIXO benoku-
kalipa.

32 KEKALOKU umhlambi wabakoli-
weyo inkliziyo nompefumlo wawo ubu-
mnye: kwaye kungeko namnye obesiti
into yabenazo iyeyake, koko zonke izinto
zibe zizezabo bonke. 33 Bati abapostile
basinika ngamandhla amakulu isinqino
*sabo* ngako ukuvuka KWENKOSI u-Yesu;
lwaye ufefe olukulu luba pezu kwabo
bonke. 34 Ngokuba ke bekungeko 'mntu
obesekusweleni pakati kwabo; ngokuba
bonke abebengabafuyi bemihlaba umhla-
umbi bezindhlu bebetenga ngazo, bawazisa
amanani ezinto ezibe zitengiswa, 35 bawa-
beka ngasezinnyaweni zabapostile: kwaza
kwabelwa abanye ngabanye, njengoko ku-
sukuba umntu enokuswela ngako.
36 Waza u-Jose, owatiywa ngabapostile
elinye igama elingu-Banabasi, (okukuti
ngokukunyushwa, Unyana wonwabiso,)
um-Levi, owase-Kiperusi ngokuzalwa, 37
enomhlaba, watenga ngawo, wazisa imali,
wayibeka ngasezinnyaweni zabapostile.
5 Kodwa indoda etile egama lalingu-
Hananiya, kunye no-Safira umfazi wayo,
yatenga ngemfuyo, 2 yazahlulela kwinani,
umfazi wayo esazela *oko* naye, yasizisa isa-
hlulo esitile, yabeka *eso* ngasezinnyaweni
zabapostile. 3 Waza wati u-Petrosi: Hana-
niya! yinina ukuba u-Satane uzalisile
inkliziyo yako, ukuba uxokise umoya oyin-
gcwele, nokuba uzahlulele kwinani lom-
hlaba lowo? 4 Nxa ubusahleli, ubunga-
sahleli ungowako na? nanxa ubutengiswe,
ubungabi semandhleni ako na? yinina
ukuba uyicingile lento enkliziyweni yako?
akuxokanga ebantwini, koko *uxoke* KUTIXO.
5 Wati u-Hananiya esiva amazwi la, wawa
pantsi, wapuma umpefumlo: kwaza kwehla
ulwoyiko olukulu pezu kwabo bonke aba-
besiva ezizinto. 6 Esuka ke amadodana
ambopa, aza a*m*twalela pandhle a*m*ncwaba.
7 Kwasekumzuzu wanga wangoweyure
ezintatu, wandula umfazi wake, engakwazi
oko bekwenzekile, wangena. 8 Waza
wapendula u-Petrosi *wati* kuye: Ndixelele
ukuba umhlaba ubutengelwe okungako
na? Wati ke yena: Ewe, okungako. 9
Waza u-Petrosi wati kuye: Yinina
ukuba nivumelene ukulinga umoya WEN-
KOSI? bona ke, innyawo zabo bayincwabi-
leyo indoda yako zingasemnyango, zaziya
kutwalela pandhle nawe. 10 Waselesiwa
pantsi kwa oko ngasezinnyaweni zake,
wapuma umpefumlo: angena ke amado-
dana amfumana efile, aza a*m*twalela
pandhle a*m*ncwaba ngasendodeni yake.
11 Kwaza kwehla ulwoyiko olukulu pezu
kwayo yonke iremente, napezu kwabo
bonke ababesiva ezizinto.
12 Kanjako ngezandhla zabapostile kwe-
nziwa imiqondiso nemimangaliso pakati
kwabantu emininzi: baye beko ngenkliziyo
'nnye kwa bonke entendelezweni ka-Solo-
mone: 13 kodwa abanye bekungeko nam-
nye wabo obenokukalipa kwokuzibanda-
kanyela kubo; koko abantu bebebazukisa:
14 kwaye kusongezelelwa ngakumbi ama-
kolwa KWINKOSI, into enninzi neyamadoda
neyamankazana: 15 bada batwalelwa
pandhle abafayo kuzo zonke izitarate, ba-
bekwa pezu kwemindhlalo nenkùko, ukuze
kuti, kwakufika u-Petrosi, kusibekelele
innxennye yabo noko sisitunzi sake sodwa.
16 Kwaye kubutela e-Yerusaleme into
enninzi yabezixeko ezipahlayo, bezisa aba-
fayo nabakatazwa ngomoya abancolileyo,
ababepiliswa kwa bonke.
17 Waza wesuka umperisite omkulu,
nabo bonke ababenaye, (abebeluhlobo lwa-
basadusi,) bazaliswa luzondo, 18 babeka
izandhla zabo pezu kwabapostile, babafaka
entolongweni yabamnyama. 19 Kodwa
ingelosi YENKOSI ngobusuku obo yavula
ingcango zentolongo, yabakupa, yati: 20
Yiyani, nime nitete etempileni ebantwini
onke amazwi obubomi. 21 Bati bakuva
*oko*, bangena kusasa etempileni, bafundisa.
Kekaloku efikile nje umperisite omkulu,



University of Fort Hare

nabo babenaye, babizela ndawonye inkla-
nganiso yamapakati nabo bonke abadala
bosapo luka-Sirayeli, batumela entolo-
ngweni ukuba baziswe. 22 Kodwa ama-
dindili akufika akabafumana entolongweni;
aza abuya, ashumayela, 23 esiti: Intolongo
okunene sayifumana ivaliwe ngokunqaba
konke, nabalindi bemi ngapandhle pambi
kwengcango; kodwa sakuvula, asafumana
'mntu 'pakati. 24 Xeshekweni ke umpe-
risite *omkulu* nenkosi yetempile nabaperi-
site abakulu baweva lamazwi, bebexake-
kile pezu kwawo, ukuba kungada kube
yinto nina oku. 25 Kwaza kwafika umntu
wabashumayeza, esiti: Bona ke, lomadoda
enawafakayo entolongweni, asetempileni,
emi efundisa abantu.
26 Yandula yemka inkosi *yetempile* ku-
nye namadindili, yaya yawazisa, inga*wazisi*
ngamandhla, ngokuba bebesoyika abantu,
ukuze bangagityiselwa ngamatye. 27 Bati
bakuba bewazisile, bawamisa enklangani-
sweni yamapakati: waza umperisite om-
kulu wababuza, 28 esiti: Asaniyalela ku-
nene na ukuba ningafundisi ngeligama?
kanti bona ke, niyizalisile i-Yerusaleme
ngemfundiso yenu, nifuna ukunga ninga-
lizisi pezu kwetu igazi lalomntu kanjako.
29 Kodwa u-Petrosi *nabanye* abapostile
bapendula bati: Kufanele ukupulapula
UTIXO ngapezu kwabantu. 30 UTIXO wo-
bawo betu wamvusa u-Yesu, enati nina
nambulala nimxòmile emtini. 31 Yena lo
UTIXO umpakamisele kwesokunene sake
*abe* yinkosi nomsindisi, ukuba anike ugu-
quko ko-Sirayeli noxolelwa lwezono. 32
Nati singamanqìna ake ngezizinto; kwa
nomoya oyingcwele kanjalo, ate UTIXO
wamnika kubo abampulapulayo.
33 Kekaloku bakuva *oku*, bebecunukile
kakulu, banxamela ukubabulala. 34
Kodwa wesuka wema umfarisi otile enkla-
nganisweni, ogama lalingu-Gamaliyeli,
umfundisimteto obekekileyo pakati kwabo
bonke abantu, waxela ukuba abapostile
mabapunyiswe kube 'mzuzwana; 35 waza
wati kubo: Madoda, bo-Sirayeli! zilu-
mkeleni ukuba niza kwenza 'nto nina
ngendawo yababantu. 36 Ngokuba pambili
kuzo ezintsuku kwesuka u-Teyuda, esiti
ungumntu *omkulu*, ekwanamatela kuye
inani lamadoda anga angamakulu mane;
owayebulewe; nabo bonke ababetelela
kuye, baciteka bati tshabalala. 37 Emveni
kwaló kwesuka u-Jude um-Galili, emihleni
yesibàlelo, wakukulisa abantu abaninzi
emva kwake; owabuba naye; nabo bonke
ababetelela kuye, bacitwa. 38 Nokwaka-
loku nje nditi kuni: Gwegwedani kubo
ababantu, nibayeke; ngokuba eliqinga
umhlaumbi lomsebenzi ukuba uti ube ngo-
wabantu, uya kutshatyalaliswa; 39 kodwa
ukuba ungoKATIXO, aningewutshabalalise,
hleze nike nifunyanwe nisilwa kwa NO-
TIXO.
40 Beyiswa nguye ke: baza bakuba be-
bebabizile abapostile, babatyabula, babaya-
lela ukuba bangateti ngegama lika-Yesu,
babandulula. 41 Bati ke ngoko bona
bemka bevuya ebusweni benklanganiso,
ngokokuba bebebalwa ngokuba befanele
ukupatwa ngokuhlazekileyo ngennxa ye-
gama lake. 42 Kanjalo ngemihla yonke
etempileni nakwizindhlu ngezindhlu, ba-
bengapezi ukufundisa nokushumayela u-
Yesu ongu-Krestu.

6 KWEZINTSUKU ke, bakuba bebesanda
abadisipile, kwavuka ukurora kwaba-
Girike ngakuma-Hebere, ngokokuba aba-
hlolokazi bakowabo bebelityalwa ekwabi-
weni kwemihla ngemihla. 2 Baza abali-
shumi linababini babiza umhlambi waba-
disipile, bati: Akufanelekile kuti, ukuba
silishiye ilizwi LIKATIXO, sikonze ezitafi-
leni. 3 Yitini ngoko, bazalwana! nifune
kwa kuni amadoda abe 'sixenxe anqìne-
lwayo kakuhle, azele ngumoya oyingcwele
nabubulumko, esiya kuwamisela pezu
kwalomcimbi. 4 Kodwa tina somana
ukuhlala ekutandazeni, nasebukonzini be-
lizwi.
5 Lati elozwi lakolisa wonke umhlambi:
baza banyula u-Stefane, indoda izele lukolo
nangumoya oyingcwele, no-Filipi, no-Piro-
koro, no-Nikanore, no-Timone, no-Para-
mena, no-Nikolasi, ikolwa lobujuda lase-
Antiyoki; 6 abati babamisa ebusweni
babapostile: baza bakuba bebetandazile
babeka izandhla pezu kwabo.
7 Labe ilizwi LIKATIXO likula; laye
lisandiswa inani labadisipile e-Yerusaleme
kakulu; nesihlwele esikulu sabaperisite
sibe silulamela elukolweni.
8 Kekaloku u-Stefane, ezele lukolo na-
ngamandhla, ebesenza imimangaliso nemi-
qondiso emikulu pakati kwabantu. 9
Kwaza kwesuka abatile babakuyo indhlu
yenklanganiso e-kutiwa yeyaba-Kululeki-
swa, neyaba-Kirene, neyaba-Aletsandriya,



University of Fort Hare

nababo bavela e-Silisiya nase-Asiya, bepi-
kisana no-Stefane. 10 Baye bekohlwa ke
ukumelana nobulumko nommoya abeteta
ngawo. 11 Bandula bancetezisa amadoda
esiti: Simvile eteta amazwi okugxeka
ngaku-Mosesi na*ngakuye* UTIXO. 12 Ka-
njalo bavuselela abantu, nabadala, naba-
bàli, bambaqa, bamqubula, bamrolela
enklanganisweni yamapakati, 13 bamisa
amanqina abuxoki esiti: Lomntu akapezi
ukuteta amazwi okugxeka ngakuyo lendawo
engcwele na*ngaku*wo umteto; 14 ngokuba
simvile esiti: u-Yesu lowo, um-Nazarete,
uya kucita indawo le, aguqule amasiko
esasinikelwa wona ngu-Mosesi. 15 Baza
bonke abebehleli enklanganisweni, bejo-
ngele kuye, babona ubuso bake njengo-
kungati bubuso bengelosi.

7 Waza wati umperisite omkulu: Kanene
ezizinto zinjalo kusinina?

2 Waza wati yena: Madoda, bazalwana
nobawo! pulapulani. UTIXO wobungcwa-
lisa wabonakala kubawo wetu u-Abrahame,
nxa abese-Mesopotami, engekahlalanga e-
Karane, 3 wati kuye: Puma elizweni
lakowenu, nasezalamaneni zako, uze eli-
zweni endisukuba ndikubonisa lona. 4
Wandula wapuma elizweni lama-Kaledine,
wahlala e-Karane. Waza *wamsusa* kona,
emveni kwokufa kwoyise, wamfudusela
kwelilizwe enihlala kulo nina ngoku. 5
Akamnika 'lifa ke kulo, enga*mnikanga*
nendawo yokunyatelwa kwonyawo: kanti
*noko* wambekela ngedinga lokuba wolinika
kuye libe yimfuyo, nakwinzalo yake emva
kwake, nxa abengenamntwana. 6 Waza
wateta ngokunje UTIXO, ukuti: Inzalo
yake yopambukela ezweni labasemzini,
abaya kuyikonzisa bayipate kakubi imi-
nyaka emakulu mane. 7 Nesosizwe isu-
kuba ikonza kuso, watsho UTIXO, ndiya
kusigweba; yaiya kuti emveni kwoko
ipume, ikonze mina kulendawo. 8 Kanjako
wamnika ucebano lwolwaluko: kwa njalo
ke wazala u-Yisake, wamalusa ngomhla
wesibozo; waza u-Yisake *wazala* u-Yakobi,
no-Yakobi *wazala* oyise abakulu boshumi
linababini.

9 Baza oyise abakulu bezondele u-Josefe
bamtengisela e-Jipete: kanti UTIXO ebe-
naye, 10 wamhlangula kuzo zonke imba-
ndezelo zake, wamnika ufefe nobulumko
ebusweni buka-Faro ukumkani we-Jipete,
owammisa umpati pezu kwe-Jipete, na*pezu*
kwayo yonke indhlu yake.

11 Kekaloku kweza indhlala pezu kwalo
lonke ilizwe le-Jipete nele-Kanane, nobu-
nzima obukulu; baye bengafumani 'kutya
obawo betu. 12 Kodwa akuva u-Yakobi
ukuba iko innqolowa e-Jipete, watuma
obawo betu okwokuqala. 13 Nangokwe-
sibini u-Josefe wazazisa kubakuluwe bake,
bati abalamane baka-Josefe bazeka ku-
Faro. 14 Waza watuma u-Josefe wambiza
uyise u-Yakobi eze kuye, nazo zonke izala-
mane zake, ingamashumi asixenxe anami-
hlanu imipefumlo yonke. 15 Waza u-
Yakobi wehlela e-Jipete, wabuba yena,
nobawo betu, 16 basuselwa e-Shekeme,
babekwa encwabeni abelitengile u-Abra-
hame ngenani lemali elusatsheni luka-
Hamore *uyise* ka-Shekeme.

17 Kodwa njengokuba libe lisondela
ixesha ledinga abelifungile UTIXO ku-Abra-
hame, kwa njalo bakula abantu, bandiswa
e-Jipete, 18 kude kwavuka ukumkani
wumbi, obengenakumazi u-Josefe. 19 Yena
lo wenza ngobuqinga kwisizwe sakowetu,
wabapata kakubi obawo betu, kuze kula-
hlwe intsana zabo, ukuba zingagcinwa
zihleli.

20 Kwelona 'xesha wazalwa u-Mosesi,
waye emhle kakulu; owondhliwa endhlwini
kayise innyanga zantatu. 21 Kekaloku
akuba ebelahliwe yena, yamcola intombi
ka-Faro, yamondhla abe ngunyana kuyo.
22 Waza u-Mosesi wafundiswa kubo bonke
ubulumko bama-Jipete; wayenamandhla
ekuteteni nasekwenzeni kanjako. 23 Xe-
shekweni ke bekumzalisekelwa ixesha
leminyaka imashumi mane, kwangena
enkliziyweni yake ukutyelela kubo abaza-
lwana bake usapo luka-Sirayeli. 24 Waza
akubona omnye obesoniwa, wa*m*siza,
wampindezelela obebandezelwa, wambeta
um-Jipete. 25 Wayesiba abazalwana bake
baya kuqonda ukuba UTIXO wobanika usi-
ndiso ngesandhla sako: kodwa bona aba-
qonda. 26 Kanjalo ngomhla olandelayo
wazibonakalisa kubo besilwa, wazama
ukubalamla, esiti: Madoda! ningabaza-
lwana nina; kuyinina ukuba nonane? 27
Kodwa lowo ubesona ummelwane *wake*
wamtyàla, esiti: Ngubanina owamisa wena
inkosi nomgwebi pezu kwetu? 28 ufuna
ukubulala mina, njengokuba wambulalayo
izolo um-Jipete? 29 Waza wesaba u-
Mosesi ngesiteto esi, waba ngowasemzini
elizweni le-Midiyane, apo wazalela kona
onyana bababini.



University of Fort Hare

30 Kwaza kwati kwakuzaliseka imi-
nyaka imashumi mane, kwabonakala kuye
enklango yasentabeni ye-Sinai ingelosi
YENKOSI elangatyeni lomlilo etyolweni.
31 Wati u-Mosesi akubona, wasitela nqa
isibonakalo eso; naxeshekweni ebesondela
ukuza kubonela, kweza ilizwi LENKOSI
kuye, *lisiti:* 32 Mina ndiNGUTIXO woyihlo
bako, UTIXO ka-Abrahame, NOTIXO ka-Yisake,
NOTIXO ka-Yakobi. Waza u-Mosesi wangca-
ngcazela, wabengenakukalipa kwokubo-
nela. 33 Yaza yati INKOSI kuye: Tula
izihlangu zennyawo zako; ngokuba indawo
umiyo kuyo ingumhlaba ongcwele. 34
Ndikolisile ukubona ukupatwa kakubi
kwabantu bami abase-Jipete, nokugula
kwabo ndikuvile; ndihle ke ukuba ndiba-
hlangule: yiza ke kaloku, ndokutuma
e-Jipete.

35 Yena lo u-Mosesi abamkanyelayo,
besiti: Ngubanina owamisa wena inkosi
nomgwebi? yena lo UTIXO wamtuma abe
yinkosi nomkululi ngesandhla sengelosi
eyabibonakala kuye etyolweni. 36 Nguye
lo owabakupayo, eyenzile imimangaliso
nemiqondiso elizweni le-Jipete, naselwa-
ndhle olubomvu, nasenklango iminyaka
imashumi mane. 37 Nguye lo oyena
'Mosesi owati elusatsheni luka-Sirayeli:
UYEHOVA, UTIXO wenu, wonivusela umpro-
fite, kubazalwana benu, njengami: yena
niya kumva. 38 Nguye lo owabeko
enklanganisweni enklango kunye nenge-
losi ebiteta kuye entabeni ye-Sinai, na-
*kunye* nobawo betu: owamkela amazwi
abubomi ukuba awanike kuti: 39 ababe-
ngavumi obawo betu ukumpulapula, koko
bamtyàlayo, bati inkliziyo zabo babuyela
e-Jipete, 40 esiti ku-Arone: Senzele otixo,
abaya kubamba pambi kwetu; ngokuba
u-Mosesi lo, owasikupayo ezweni le-Jipete,
singamazi ukuba uhlelwe yinto nina. 41
Baza badala itole kwezontsuku, banikela
idini kwisitixo eso, bageoba kuyo imisebe-
nzi yezandhla zabo. 42 Wajika ke UTIXO,
wabayekelela ukuba bawukonze umkosi
wezulu; njengokuba kubàliwe encwadini
yabaprofite, *ukuti:* Imibingo neminikelo
niyinikele na kumi, iminyaka yamashumi
mane, enklango, ndhlu ka-Sirayeli? 43
kanti nayifunqula intentana ka-Moleke,
nenkwenkwezi yotixo wenu u-Remfane,
imifanekiso enayenzayo ukuba niyibede-
she: ndandiya kunifudusela ele kwe-
Babilone.

44 Obawo betu bebenayo intente yesi-
nqìno enklango, njengokuba bekumiselwe
ngulowo ubeteta ku-Mosesi ukuba ayenze
ngomfanekiselo abewubonile: 45 abati ka-
njalo bayingenisa obawo betu kunye no-
Yoshuwa, beyamkele nje ngokulandelana,
ekubambeni kwabo *ilizwe* labaheyideni,
ababegxotwa NGUTIXO ebusweni bobawo
betu, kwada kwayimihla ka-Davide; 46
owafumana ufefe pambi KWOTIXO, wazice-
lela ukuba afumanele UTIXO ka-Yakobi ita-
banakele. 47 Kodwa u-Solomone wama-
kela indhlu. 48 Noko yena opezu konke
akahlali ezitempileni ezenziweyo ngeza-
ndhla; njengokuba esitsho umprofite u-
kuti: 49 Izulu liyitorone yami, nomhlaba
usisitulo sennyawo zami; yindhlu ennina
niya kundakela yona? utsho UYEHOVA;
umhlaumbi yeyipina indawo yokupumla
kwami? 50 isandhla sami asazenza ezi-
zinto zonke na?

51 Nina 'bantamo zilukuni, nabankliziyo
nendhlebe zingalukanga! niyamelana no-
moya oyingcwele ngamaxesha onke; nje-
ngokuba *bebesenje njalo* oyihlo benu, *niyenje
njalo* nani. 52 Nguwupina wabaprofite
ongatshutshiswanga ngoyihlo benu? ewe
bafisa abo bakushumayela pambili ukuza
kwolungileyo; enisand' ukumngcatsha
nokumbulala: 53 nina ke eniwamkeleyo
umteto ngezimiselo zengelosi, kanti ani-
wubambanga.

54 Kekaloku besiva ezizinto, bebecunu-
kile kakulu ezinkliziyweni zabo, bamqaqa-
zelela ngamazinyo. 55 Kodwa yena, ezele
ngumoya oyingcwele, wabeka amehlo nga-
sezulwini, wabona ubungcwalisa BUKATIXO,
no-Yesu emi ngasekunene KWOTIXO, 56 wati:
Bona ke, ndiyabona izulu livulekile, no-
nyana wesintu emi ngasekunene KWOTIXO.
57 Baza badanduluka ngelizwi elikulu,
baziti vingci indhlebe zabo, bati bukuqu
ngenkliziyo 'nnye pezu kwake, 58 ba*m*ku-
pela pandhle kwesixeko, ba*m*gibisela nga-
matye: ati amanqìna abeka pantsi ingubo
zawo ngasezinnyaweni zendodana ebibizwa
ngo-Saulusi. 59 Baza bamgibisela u-
Stefane ngamatye, ebiza kuyo *in-Kosi*, esiti
nokuti: NKOSI 'Yesu! yamkela ummoya
wami. 60 Waza wagnqa ngamadolo, wa-
danduluka ngelizwi elikulu, *esiti:* NKOSI!
ungamisi kubo esisono. Wati akuba etshilo
walala ubutongo.

8 Kekaloku u-Saulusi ebetakazela uku-
bulawa kwake.



University of Fort Hare

Kwasuka kwabako ngeloxesha intshu-
tshiso enkulu ngakuyo iremente ebise-
Yerusaleme: baza bonke batiwa sa ema-
zweni ase-Judeya ne-Samariya; *kwasala*
abapostile kupela.
2 Kekaloku amadoda abubedesho am-
ncwaba u-Stefane, enza isijwili esikulu
pezu kwake. 3 Kodwa u-Saulusi ebecita
iremente, engena kwizindhlu ngezindhlu,
erola namadoda namankazana, wawanikela
entolongweni.
4 Bandula abo batiwa sa bacanda indawo
zonke, beshumayela ilizwi.

5 WAZA u-Filipi wehlela esixekweni
sase-Samariya, wabashumayeza u-Krestu.
6 Zaye izihlwele zinyamekela ezonto
zibe zitshiwo ngu-Filipi ngenkliziyo 'nnye,
zisiva zibona nokubona imiqondiso abe-
yenza. 7 Ngokuba omoya abancolileyo,
bekala ngelizwi elikulu, bebepuma kwaba-
ninzi abebenabo: kanjako abaninzi ababe-
nesifo sokushwabanisa nabaziziqwala ba-
piliswa. 8 Kwaza kwabako uvuyo olukulu
kwesosixeko.
9 Kwaye kuko indoda etile, egama lali-
ngu-Simone, ebifudula isenza ngobugqi
kwesosixeko, imangalisa abantu base-
Samariya, isiti ingumntu omkulu bo: 10
ababebambelela kuyo bonke, kwa kuye
omncinane kwada kwakuye omkulu, be-
siti: Le*ndoda* ingamandhla amakulu KA-
TIXO. 11 Babebambelela kuyo ke, ngennxa
yokuba bekukade ibamangalisile ngezinto
*zayo* zobugqi. 12 Kodwa xeshekweni ba-
kolwayo ngu-Filipi, eshumayela izinto ezi-
ngabo ubukumkani BUKATIXO na*ngalo* igama
lika-Yesu Krestu, bebebapitizeshwa, kwa
namadoda namankazana. 13 Kanjalo u-
Simone wakolwa naye, wati akuba ebapi-
tizeshiwe waman' ukubako no-Filipi; waza
ebona imiqondiso nemimangaliso emikulu
ebisenziwa, wati nqa.
14 Kekaloku kwakuviwa ngabapostile
abebese-Yerusaleme, ukuba i-Samariya i-
lamkele ilizwi LIKATIXO, batuma kubo
u-Petrosi no-Johane: 15 abati, bakuba be-
hlele kona, babatandazela, ukuze bamkele
umoya oyingcwele: 16 (ngokuba ebenge-
kabawelanga kwa namnye; koko babe
bebapitizeshelwe egameni LENKOSI u-Yesu
kodwa.) 17 Bandula babeka izandhla
pezu kwabo, baza bamkela umoya o-
yingcwele.
18 Wati kekaloku u-Simone, ebonile oko-
kuba umoya oyingcwele uyanikwa ngoku-
bekwa kwezandhla zabapostile, wafuna
ukubanikela imali, 19 esiti: Ndipeni nami
igunya eli, lokuba lowo ndisukuba ndibeka
izandhla pezu kwake amkele umoya oyin-
gcwele. 20 Kodwa u-Petrosi wati kuye:
Maiti imali yako kunye nawe ibe yinto
yokutshatyalaliswa, ngokokuba isipo SIKA-
TIXO ubusiba wosizuza ngemali. 21 Aku-
nasahlulo nasabiwo kulendawo: ngokuba
inkliziyo yako ingalungile ebusweni BUKA-
TIXO. 22 Guquka ngoko kubo obububi
bako, ukunge UTIXO, ukuba umhlaumbi
woyixolelwa inkumbulo yenkliziyo yako.
23 Ngokuba ndibona ukuba usennyo-
ngweni yoburara nasekubanjweni kwenko-
hlakalo. 24 Waza wapendula u-Simone
wati: Ndikungeleni nina ENKOSINI, ukuze
kungandihleli nannye yezozinto nitetile
ngazo.
25 Bandula bona, bakuba benqinisile
bateta ilizwi LENKOSI, babuyela e-Yerusa-
leme, bashumayela ivangeli emizini emini-
nzi yama-Samariya.
26 Yati kekaloku ingelosi YENKOSI ya-
teta ku-Filipi, isiti: Suka, uhambele nga-
sesuyide, ngendhlela ehlayo e-Yerusaleme
iye e-Gaza, leyo ilubala. 27 Wesuka ke
wahamba: kekaloku bona ke, umntu wase-
Tiyopiya, umbusi omkulu ka-Kandase
ukumkanikazi wama-Tiyopiya, obepezu
kwayo yonke indyebo yake, obezile e-
Yerusaleme ukuza kubedesha, 28 wabebu-
ya, wati ehleli ennqwelweni yake waleseshа
*inncwadi* yomprofite u-Yisaya. 29 Waza
wati UMOYA ku-Filipi: Sondela, uhlangane
nalennqwelo. 30 Waza u-Filipi wagidi-
mela kona, wamva elesesha *inncwadi* yom-
profite u-Yisaya, wati: Uqonda ke na oko
ukuleseshayo? 31 Wati yena: Ndingati
nina *ukuqonda* pofu, ukuba akuko 'mntu
ondikapayo? Waza wambongoza u-Filipi
ukuba akwele ahlale naye. 32 Kekaloku
indawo yesibàlo abeyilesesha, ibiyilé *go-
kuti:* Warolwa njengegusha *isiya* ekuxè-
lweni, nanjengokuba imvana ebusweni
boyigugulayo isidenge, kwa njalo akavuli
umlomo wake: 33 ebupantsini bake uku-
gwetyelwa kwake kwasuswa: nesizuku-
lwana sake ngubanina oya kusixela? ngo-
kuba bususwa emhlabeni ubomi bake. 34
Wapendula ke umbusi lowo ku-Filipi,
wati: Ndiyakukunga, umprofite utsho oku
ngobanina? ngokwake, ngomntu wumbi,
kusinina? 35 Waza u-Filipi wavula um-



3 N

University of Fort Hare

lomo wake, waqala kwa kuso isibàlo esi,
wamshumayeza u-Yesu.
36 Kekaloku nxa bebehamba endhle-
leni, bafika ngasemanzini atile: waza wati
umbusi: Nanga amanzi; ndixakwa yinto
nina ukubapitizeshwa? 37 Wayesiti u-
Filipi: Ukuba uyakolwa ngayo yonke
inkliziyo *yako*, kungenzwa. Wayependula
wati: Ndiyakolwa ukuba u-Yesu Krestu
unguyo unyana KATIXO. 38 Waza waxela
ukuba inqwelo ime: baza bobabini be-
hlela emanzini, kwa no-Filipi nombusi;
wambapitizesha ke. 39 Kekaloku okuya
bebenyuke emanzini, umoya WENKOSI wam-
susa u-Filipi, wati umbusi akabi sambona:
ngokuba ebehamba indhlela yake evuya.
40 Kodwa u-Filipi wafunyanwa e-Azote:
waza ecanda *ilizwe* washumayela ivangeli
kuzo zonke izixeko, wada wafika e-Kesa-
reya.

9 KEKALOKU u-Saulusi esapefumla
ukusongela nokubulala ngakubo aba-
disipile BENKOSI, waya kumperisite om-
kulu, 2 wacela kuye incwadi zokuya
e-Damakusi, *zibàdelwa* inklanganiso za-
kona, ukuze ati, ukuba uyafumana abatile
abebengabendhlela leyo, kwa namadoda
namankazana, abazise benxityiwe e-Yeru-
saleme. 3 Kekaloku ekuhambeni kwake,
kwaye kute nxa ebesondela e-Damakusi,
kwandula ukuti benge ngakuye ngokwa-
lama inkanyiso ivela ezulwini. 4 Waza
ewile ngasemhlabeni weva ilizwi lisiti
kuye: Saulusi, Saulusi! unditshutshisela
nina? 5 Wayesiti: Ungubanina, NKOSI?
Yayisiti INKOSI: Mina ndingu-Yesu, lowo
umtshutshisayo: kunzima kuwe ukukaba
ngasezihlabeni. 6 Waza engcangcazela
enokuti nqa wati: NKOSI! ufuna ukuba
ndenze 'nto nina? Yaza INKOSI *yati* kuye:
Suka, ungene esixekweni; wauya kutye-
lwa oko ufanele ukukwenza. 7 Kekaloku
amadoda abehamba naye ebemi engenaku-
teta, esiva okunene ilizwi, engaboni 'mntu
kodwa. 8 Waza wesuka u-Saulusi emhla-
beni; kwati kwakuvulwa amehlo ake, aka-
bona 'mntu; aza emtundeza ngesandhla
amngenisa e-Damakusi. 9 Wayentsuku
'ntatu engenakubona; akadhla ke, akasela
kanjako.
10 Kwabekuko umdisipile otile e-Dama-
kusi ogama lalingu-Hananiya; yaza yati
kuye INKOSI embonisweni: Hananiya!
Wati yena: Nanku mina, NKOSI! 11 *Yati*
INKOSI kuye: Suka, uye esitarateni esibi-
zwa ngokuti Sesite-ntse, ubuzele endhlwi-
ni ka-Judo *umntu* ogama lingu-Saulusi,
um-Tarese; ngokuba, bona ke, etandaza;
12 oyiboníleyo emboniswení indoda egama
lingu-Hananiya ukuba yangena yabeka
isandhla pezu kwake, ukuze abuye abone.
13 Waza wati u-Hananiya ukupendula:
NKOSI! ndivile kwabaninzi ngayo indoda
le, ukuba zingakanana izinto zobubi ize-
nzileyo kubo abangcwele bako e-Yerusa-
leme; 14 nalapa inalo igunya livela kuba-
perisite abakulu, lokuba inxibe bonke
ababiza egameni lako. 15 Kodwa INKOSI
yati kuye: Hamba; ngokuba lo eyimpahla
enyuliweyo kumi, yokupata igama lami
pambi kwabaheyideni, nokumkani, nosapo
luka-Sirayeli; 16 ngokuba ndiya kumbo-
nisa ukuba zizinto ezingakanana afanele
ukuziva ngennxa yegama lami.
17 Wemka ke u-Hananiya, waya wa-
ngena endhlwini leyo; waza wabeka iza-
ndhla pezu kwake, wati: Mzalwana
'Saulusi! INKOSI inditumile, *kwa* u-Yesu
owabonakala kuwe endhleleni ubusiza
ngayo, ukuze ubuye ubone, nokuba uzali-
swe ngumoya oyingcwele. 18 Kwandula
kwa oko kwawa emehlweni ake zanga
zinkwetu, waselekwamkela ukubona ke,
wesuka wabapitizeshwa: 19 waza akuba
etabatile ukutya womelezwa.
Kekaloku u-Saulusi wayeko nabadisipile
abebese-Damakusi intsuku ezitile. 20
Waza waseleshumayela u-Krestu ezin-
dhlwini zenklanganiso, ukuba lo unguye
unyana KATIXO. 21 Koko bamangaliswayo
bonke ababesiva, bati: Lo asi nguye na
owacita abo babebiza kweligama e-Yerusa-
leme, nobezele oku kwa lapa, ukuba aba-
zise benxityiwe pambi kwabaperisite aba-
kulu? 22 Kodwa u-Saulusi womelezeka
ngakumbi, wawati piti ama-Juda abehlala
e-Damakusi, eqinisa ngezizatu ukuba lo
unguye u-Krestu.
23 Kwati kwakuzaliseka imihla yami-
ninzi, acebisana ama-Juda ukuba ambu-
lale: 24 kodwa ingcebo yawo yazeka ku-
Saulusi. Aza alalela amasango nasemini
nasebusuku, ukuze ambulale. 25 Kodwa
abadisipile bamtabata ebusuku, ba*m*hlisela
pantsi ngodonga, be*m*hlisile engobozini.
26 Kekaloku akuba u-Saulusi ebefikile
e-Yerusaleme, wabelinga ukukolana naba-
disipile: kanti bonke bebemoyika, benga-
kolwa ukuba ungumdisipile. 27 Kodwa



University of Fort Hare

u-Banabasi wamtabata *naye*, wamzisa ku-
bapostile, wababalisela okokuba ebebonile
INKOSI endhleleni, nokuba yateta kuye;
nokokuba ebetetile ngokukalipa egameni
lika-Yesu e-Damakusi. 28 Waye eko nabo
e-Yerusaleme engena epuma nokupuma,
29 eteta ngokukalipa egameni LENKOSI u-
Yesu: kanjalo wateta wabuzisana naba-
Girike; koko bona bebelinga ukumbulala.
30 Kodwa abazalwana, bakwazi *oku*, bam-
kapela e-Kesareya, bamsusa ukuya e-
Tarese.

31 Zandula zati ke iremente kuyo yonke
i-Judeya, ne-Galili, ne-Samariya, zanoxolo,
zakiwa; zaza zihamba ekwoyikeni INKOSI,
naselwonwabisweni lwomoya oyingcwele,
zandiswa.

32 KWAYE kute, akuba u-Petrosi ebe-
canda kuzo zonke *indawo* wehlela nakubo
abangcwele abebehlala e-Luda. 33 Keka-
loku wafumana apo umntu otile ogama
lingu-Eneya, obelele elukûkweni iminyaka
yasibozo, obenesifo sokushwabanisa. 34
Waza u-Petrosi wati kuye: Eneya! u-Yesu
ongu-Krestu uyakupilisa; suka, uzandhla-
lele. Waselesuka kwa oko. 35 Baza
bambona bonke abebehlala e-Luda nase-
Sharone, abati baguqukela KWINKOSI.

36 Kekaloku bekuko e-Jopa umdisipile-
kazi otile ogama lingu-Tabita, o-kutiwa
ngokukunyushwa ngu-Dokasi: yena lo
ebezele yimisebenzi elungileyo nemilizo
abeyenza. 37 Kwaye kute kwezontsuku
ke, wabesifa, wabuba: bati bakuba bem-
hlambile, bambeka enkambilini yapezulu.
38 Kekaloku i-Luda ikufupi nje ne-Jopa,
bati abadisipile bakuva ukuba u-Petrosi
ukona, batuma amadoda amabini kuye,
be*m*bongoza ukuba makanganqeni ukuza
kwa kubo. 39 Wesuka ke u-Petrosi waya
nawo. Oyena akuba efikile bamnyusela
kulonkambili yapezulu: baza bema nga-
kuye bonke abahlolokazi belila, bebonaka-
lisa izivato nengubo abezenza u-Dokasi,
uxa ebesenabo. 40 Kodwa u-Petrosi wa-
bakupela pandhle bonke, waguqa ngama-
dolo, watandaza; waza wajikela ngasemzi-
mbeni, wati: Tabita! suka. Wawavula
ko amehlo ake: wati akubona u-Petrosi,
wesuka wahlala. 41 Waza wamnikela
isandhla, wamsukisa; wati akuba ebabi-
zile abangcwele nabahlolokazi, wamnisa
ebusweni *babo* ehleli. 42 Kwati ke *oku*
kwazeka kuyo yonke i-Jopa; baza abaninzi
bakolwa ENKOSINI. 43 Kwaye kute keka-
loku wahlala imihla yamininzi e-Jopa ku-
Simone otile umsuki wezikumba.

10 Kwabekuko indoda etile e-Kesareya
egama lalingu-Koroneli, inkosikulu
yasebandhleni elibizwa ngokuti lelase-
Yitaliya, 2 ebingobedeshekileyo, ebisoyika
UTIXO kunye nendhlu yayo yonke, eyabe-
nzela abantu amalizo amaninzi, yatandaza
KUTIXO futi. 3 *Lomntu* wabona emboni-
sweni kwa sekuhleni, yanga yayiyure
yesitoba yemmini, ingelosi KATIXO ukuba
yangena kuye, yati kuye: Koroneli! 4
Waza yena ewabeka amehlo pezu kwayo,
esoyika nokwoyika, wati: Yinto nina,
Nkosi! Yayisiti kuye: Imitandazo yako
nemilizo yako inyukele ibe yinkumbuzo
ebusweni BUKATIXO: 5 nakaloku watume
amadoda e-Jopa, umeme u-Simone obizwa
ngelinye igama elingu-Petrosi: 6 lo uya-
hlala ku-Simone otile umsuki wezikumba,
ondhlu ingaselwandhle; lo wokutyela into
ufanele ukuyenza. 7 Kekaloku xeshe-
kweni yemkayo ingelosi ebiteta ku-Koro-
neli, wabiza isibini sezicaka zake, nesodati
elibedeshekileyo lakuwo abemana enaye:
8 waza wati, akuba ebatyele kwa konke,
wabatuma e-Jopa.

9 Kekaloku ngomnye umhla, uxa bebe-
hamba abo, besondela esixekweni, wenyu-
kela u-Petrosi pezu kwentungo *yendhlu*
ukutandaza, ngeyure yesitandatu. 10 Waza
walamba kakulu, wanga angatya: kodwa
uxa bebelungisa bona, wawelwa lipupara,
11 wabona izulu livulekile, nempahla
etile njengeqiya enkulu isihla ngakuyo,
ibotshelelwe ngamancame omane, ihlise-
lwa pantsi emhlabeni; 12 ekube kuko
pakati kwayo zonke izilo zomhlaba ezin-
nyawo zinne, namaramnewa, nento ezina-
mbuzelayo, nentaka zezulu. 13 Kwaza
kweza ilizwi kuye, *lisiti*: Suka, Petrosi!
xèla utye. 14 Kodwa u-Petrosi wati:
Nakanye, NKOSI! ngokuba ndingazanga
nditye nannye into engengcwele nencoli-
leyo. 15 Kwabuya *kweza* ilizwi kuye
ngokwesibini, *lisiti*: Oko akuhlanzileyo
UTIXO, ungakwenzi okungengcwele wena.
16 Oku ke kwenziwa katatu: yaza impa-
hla leyo yabuya yenyuselwa ezulwini.

17 Kekaloku uxa u-Petrosi ebexakekile
pakati kwake, ukuba ungaba yinto nina
lomboniso awuboniléyo, bona ke, lomadoda
abesusiwe ku-Koroneli, eyifumene ngoku-
buza indhlu ka-Simone, ema ngapambi



University of Fort Hare

kwesango, 18 abiza ke, abuza ukuba u-
Simone obizwa ngelinye igama elingu-
Petrosi uyahlala kona na.
19 Esacingela umboniso lowo u-Petrosi,
wati UMOYA kuye: Bona ke, amadoda ama-
tatu ayafuna wena: 20 uz' usuke ngoko,
uhle, uye nawo, ungatandabuzi 'nto; ngo-
kuba ndiwatumile mina. 21 Waza wehla
u-Petrosi waya kulomadoda abesusiwe ku-
Koroneli ukuza kuye, wati: Bona ke, ndi-
nguye enimfunayo; liyinina ituba enilapa
ngennxa yalo? 22 Ati ke wona: u-Koro-
neli inkosikulu, indoda elungileyo, emo-
yikayo UTIXO, enqìnelwayo kakuhle lulo
lwonke uhlanga lwama-Juda kanjalo, wa-
yalwa NGUTIXO ngengelosi engcwele, ukuba
akumemele endhlwini yake, nokuba eve
amazwi kuwe. 23 Wandula wawabizela
pakati, wawamkela endhlwini.
Waza ngomnye umhla u-Petrosi wemka
nawo, nabatile bakubo abazalwana base-
Jopa bampeleka. 24 Nangomhla olande-
layo bangena e-Kesareya. Wayo u-Koro-
neli ebalinda, ezibizele ndawonye kuye iza-
lamane zake nezihlobo ezitandekileyo. 25
Kwaza kwati kwakungena u-Petrosi, u-
Koroneli wamkaulela, wawa pantsi ngase-
zinnyaweni *zake*, wabedesha. 26 Kodwa
u-Petrosi wampakamisa, esiti: Suka ume;
ndikwa ngumntu nami. 27 Wati enco-
kola naye wangena, wafumana abaninzi
bebutene ndawonye.
28 Waza wati kubo: Niyazi kakulu nina
okokuba kuyinto engafanelekileyo kumntu
ongum-Juda ukukolana nokudhlelana no-
wesinye isizwe: kanti UTIXO undibonisile
ukuba ndingabizi namnye umntu ngoku-
ngengcwele nangokuncolileyo. 29 Ndeza
ngoko ndakumenywa, ndingapikanga ke:
ndiyabuza ngako, ukuba yindawo nina
nandimemela yona.
30 Waza u-Koroneli wati: Sekuntsuku
zinne ndibe ndizila ukutya kwada kwayi-
leyure; nangeyure yesitoba benditandaza
endhlwini yami; yaza, bona ke, indoda
yema ebusweni bami inesivato esikazi-
mlayo, 31 yati: Koroneli! umtandazo wako
uviwe, namalizo ako akunjulwe ebusweni
BUKATIXO: 32 tuma ngoko e-Jopa, umeme
u-Simone obizwa ngelinye igama elingu-
Petrosi; lo uyahlala endhlwini ka-Simone
umsuki wezikumba ngaselwandhle, oya
kuti akufika atete kuwe. 33 Ndasendisiti
ke kwa oko ndatuma kuwe; nawe ulungi-
sile ukuba ufikile. Kaloku ngoko silapa
tina sonke ebusweni BUKATIXO, ukuva zo-
nke izinto uziyalelweyo NGUTIXO.
34 Waza u-Petrosi wavula umlomo,
wati: Ngokwennyaniso ndiyaqiqa okokuba
UTIXO akanguye oketa abantu; 35 koko
oti kuzo zonke inklanga amoyike, enze
ubulungisa, ukolekile kuye. 36 Elozwi
walitumayo elusatsheni luka-Sirayeli,
eshumayela uxolo ngo-Yesu Krestu, (lo
UYINKOSI yabo bonke,) 37 niyalazi: elen-
dawo eyenzekayo kuyo yonke i-Judeya,
iqalwe e-Galili, emveni kwalo ubapitizesho
olwashunyayelwayo ngu-Johane: 38 *eli-
ngaye* u-Yesu wase-Nazarete, okokuba
UTIXO wamtambisa ngomoya oyingcwele
nangamandhla; owacanda *ilizwe* esenza
okulungileyo, epilisa bonke ababebande-
zelwa ngu-Satane; ngokuba UTIXO ebenaye.
39 Nati ke singamanqìna ento zonke wa-
zenzayo nasezweni lama-Juda nase-Yeru-
saleme; ate wona ambulala emxòmile
emtini. 40 Yena lo UTIXO wamvusa ngo-
wesitatu umhla, wambonakalisa ekuhleni:
41 bekungekubo bonke abantu, bekukuwo
amanqìna abebalulwe pambili NGUTIXO,
kuti tina, esatyayo sasela ndawonye naye
emveni kwokuvuka kwake ekufeni. 42
Owasiyalezela ukuba sishumayele eba-
ntwini, nokuba sinqìnise okokuba unguye
obemisiwe NGUTIXO abe ngumgwebi waba-
hleliyo nabafileyo. 43 Yena lo bonke
abaprofite bayamnqìnela, ukuba bonke
abakolwayo kuye baya kwamkela ukuxo-
lelwa kwezono ngalo igama lake.
44 Esateta u-Petrosi amazwi la, umoya
oyingcwele wawela bonke ababesiva ili-
zwi. 45 Baza bamangaliswa abo bakulo
ulwaluko abakoliweyo, bonke abebezile
no-Petrosi, ukuba isipiwo somoya oyin-
gcwele sigalelwe napezu kwabaheyideni.
46 Ngokuba bebeva beteta *ngezinnye*
inteto, bezukisa UTIXO. 47 Wandula wape-
ndula u-Petrosi, *wati:* Kuko ongala amanzi
ke na, ukuze aba bangabapitizeshwa,
abamamkeleyo umoya oyingcwele njengo-
kuba *simamkele* nati? 48 Waza wayalela
ukuba babapitizeshwe egameni LENKOSI.
Bandula bamtandaza ukuba makalibale
*kona* imihla etile.
11 Kekaloku abapostile, nabazalwana
abebese-Judeya, beva ukuba nabahe-
yideni bebelamkele ilizwi LIKATIXO. 2
Baza bati, xeshekweni u-Petrosi ebenyu-
kele e-Yerusaleme, abo bakulo ulwaluko
bapika naye, 3 besiti: Wabungena ku-



University of Fort Hare

madoda angalukanga, watya ndawonye
nawo. 4 Kodwa waqala u-Petrosi waba-
cazela indawo ngendawo, esiti: 5 Ndibe
ndisesixekweni se-Jopa nditandaza; ndaza
ndabona ndikulo ipupara umboniso, impa-
hla etile njengeqiya enkulu isihla, ihliswa
ezulwini ngamancame omane, yada yafika
kwa kumi; 6 endati ndakubeka amehlo
pezu kwayo ndagqala, ndabona izilo zom-
hlaba ezinnyawo zinne, namarannewa,
nento ezinambuzelayo, nentaka zezulu.
7 Ndaza ndeva ilizwi lisiti kumi: Suka,
Petrosi! xèla utye. 8 Kodwa ndati:
Nakanye, NKOSI! ngokuba kungazanga
kungene emlonyeni wami nannye into
engengcwele nencoliléyo. 9 Koko kwa-
ndipendula ilizwi ngokwesibini livela
ezulwini, *lisiti:* Oko akuhlanzileyo UTIXO,
ungakwenzi okungengcwele wena. 10
Oku ke kwenziwa katatu: zaza zonke *ezo-
nto* zabuya zanyuselwa ezulwini. 11 Kwa-
suka, bona ke, kwa oko kwema amadoda
amatatu pambi kwendhlu endandikuyo,
esusiwe e-Kesareya ukuza kumi. 12 Waza
UMOYA wandixelela ukuba ndiye nawo,
ndingatandabuzi 'nto. Kanjako bandipe-
leka nabazalwana aba abatandatu, saza
sangena endhlwini yendoda leyo; 13 eya-
sishumayeza okokuba ibibonile ingelosi
endhlwini yayo, eyema yati kuyo: Tuma
amadoda e-Jopa, umeme u-Simone obizwa
ngelinye igama elingu-Petrosi; 14 oya
kukutyela amazwi, oya kusindiswa ngawo
wena, nayo yonke indhlu yako. 15 Keka-
loku ndakuqala ukuteta, umoya oyingcwele
wabawela, njengokuba *wabesiwela* nati
ekuqaleni. 16 Ndaza ndakumbula ilizwi
LENKOSI, lokokuba yabisiti: u-Johane oku-
nene wabapitizesha ngamanzi; kodwa nina
nobapitizeshwa ngomoya oyingcwele. 17
Ukuba ngoko UTIXO wanika kubo isipo esi-
lingana neso *wasinika* nakuti, bakukolwa
KWINKOSI u-Yesu Krestu, bendingubanina
pofu mina, ukuba ndibe nako ukumalela
UTIXO? 18 Bati bakuva ezizinto bayeka,
badumisa UTIXO, besiti: Kwa njo ke nakubo
abaheyideni UTIXO ulunikile uguquko bube
bubomi.

19 KEKALOKU abo ke ababetiwe sa
ngayo imbandezelo eyabako pezu kwo-
Stefane, bahambela kwa se-Fenisi, nase-
Kiperusi, nase-Antiyoki, beteta ilizwi
kuma-Juda odwa kupela. 20 Baye in-
nxenye kubo bengamadoda ase-Kiperusi
nawase-Kirene, abati bakufika e-Antiyoki,
bateta kuba-Girike, beshumayela INKOSI u-
Yesu. 21 Saye sinabo isandhla SENKOSI;
laza inani elikulu lakolwa, laguqukela
ENKOSINI.

22 Kwaye kuvakala indaba ezindhlebeni
zeremente ebise-Yerusaleme ngazo *ezizinto:*
baza basusa u-Banabasi ukuya kuhambela
kwa se-Antiyoki: 23 owati efikile nje,
nofefe LUKATIXO elubonile, wavuya, waba-
yala bonke ukuba mabati ngemvume yen-
kliziyo banamatele KWINKOSI. 24 Ngo-
kuba ebeyindoda elungileyo, ezele ngu-
moya oyingcwele nalukolo. Saza isihlwele
esikulu songezelelwa KWINKOSI.

25 Waza u-Banabasi wemkela e-Tarese
ukuya kufuna u-Saulusi; 26 owati akuba
emfumene, wamzisa e-Antiyoki. Kwaza
kwati, bahlanganisana neremente umnyaka
upela, bafundisa isihlwele esikulu: kanjako
abadisipile baqala e-Antiyoki ukubizwa
ngegama laba-Krestu.

27 Kwezintsuku ke kwehla abaprofite
e-Yerusaleme beza e-Antiyoki. 28 Waza
wesuka omnye kubo, ogama lalingu-Aga-
busi, waqondisa NGOMOYA ukuba indhlala
enkulu iza kubako kulo lonke ilizwe;
eyehlayo kanjalo emihleni ka-Kilodiyusi
Kesare. 29 Baza bati abadisipile, njengo-
kuba umntu ebenamandhla, bazimisela
abanye ngabanye ukuba batume usizo ku-
bazalwana ababehlala e-Judeya: 30 abati
*oko* kanjalo bakwenza, belutumile kuba-
dala ngesandhla so-Banabasi no-Saulusi.

12 Kekaloku ngalo eloxesha u-Herodi
ukumkani wabeka izandhla pezu
kwabatile baseremente ukubapata ka-
kubi. 2 Waza wabulala u-Yakobi umku-
luwe ka-Johane ngesirele. 3 Wati aku-
bona ukuba *oko* kwakolisa ama-Juda,
walekela ukumbamba no-Petrosi. (Ibiyi
mihla yezonka ezingenagwele *leyo.*) 4
Wati kanjalo akuba embambile, wamfaka
entolongweni, wamnikela kwamaqelana
amane amasodati amane ukuba amlinde,
efuna ukuti emveni kwepasika amrolele
ebantwini. 5 Kwa njalo ke u-Petrosi ebe-
gcinwa entolongweni: kodwa utandazo
olwomeleleyo belumenzelwa yiremente
KUTIXO.

6 Kekaloku xeshekweni u-Herodi ebeza
kumvelisa, kwa ngobobusuku u-Petrosi
ebelele ubutongo pakati kwamasodati ama-
bini, enxityelelwe ngemixokolelwane emi-
bini; nabalindi pambi kwecango bebegcina



University of Fort Hare

intolongo. 7 Yaza, bona ke, ingelosi YEN-
KOSI yema ngakuye, nenkanyiso yakanya
entolongweni. Yati yona yabambata icala
lika-Petrosi, yamvusa, isiti: Suka ngobu-
nxamo. Yaza imixokolelwane yake yawa
ezandhleni *zake*. 8 Yati kanjalo ingelosi
kuye: Binqa, ufake izihlangu zako. We-
nje njalo ke. Yaza yati kuye: Yiti tyu
ingubo yako, undilandele. 9 Wapuma ke,
wayilandela; kanti ebengazi ukuba yin-
nyaniso into eyenziwayo yingelosi, kodwa
ebeba uyabona umboniso. 10 Bati bakuba
bedhlulile elokuqala iqela labalindi nelesi-
bini, beza esangweni lentsimbi, elisingela
esixekweni, elati lavuleka kubo ngokwalo:
baza bapuma, bacanda isitarate sasinye;
yandula yaselisimka ingelosi kuye.
11 Waza u-Petrosi akubuya waziqonda,
wati: Kaloku ndiyazi ngenyaniso, ukuba
INKOSI yatuma ingelosi yayo, yandihla-
ngula esandhleni sika-Herodi, na*kuko* ko-
nke ukukangela kwabantu bama-Juda.
12 Waza wati akutelekelela, weza en-
dhlwini ka-Mariya unina ka-Johane, obe-
bizwa ngelinye igama elingu-Maraki, apo
abaninzi babe bebutene ndawonye kona
betandaza. 13 Kekaloku akuba u-Petrosi
ebeqongqotile elucangweni lwesango, kwe-
za isicakazana ukuza kupulapula, esigama
lalingu-Roda: 14 esati sakulazi ilizwi
lika-Petrosi, asavula isango ngenxa yo-
vuyo, sangena ngokubaleka, satyela ukuba
u-Petrosi umi pambi kwesango. 15 Bati
ke bona kuso: Uyageza. Koko sona sibe
siqinisa ukutshoza ukuba kunjalo. Baza
bati: Yingelosi yake. 16 Kodwa u-Petrosi
ebemana eqongqota: bati bakuvula, bambo-
na, bamangaliswa ke. 17 Koko yena eba-
kobele ngesandhla ukuba bati tu, wababa-
lisela okokuba yati nina INKOSI ukumkupa
entolongweni. Waza wati: Shumayelani
ezizinto ku-Yakobi, nakubo abazalwana.
Waza wemka, waya kwenye indawo.
18 Kekaloku kwakuba kusile, bekuko
isipitipiti esingencinane pakati kwamaso-
dati, sokuba u-Petrosi uhlelwe yinto nina
ke. 19 Wati u-Herodi akuba ebemfunile,
engamfumananga nje, wabuza abalindi,
waxela ukuba bafiswe. Waza wehla e-
Judeya waya e-Kesareya, wahlala *kona*.
20 Waye u-Herodi ebejalile ngakuwo
ama-Tire nama-Tsidone: kodwa eza kuye
ngenkliziyo 'nnye; ati etomalalisile u-
Balastusi obepezu kwenkambili yokumka-
ni, acela uxolo; ngenxa yokuba ilizwe
lawo belizuza ukutya kwelokumkani. 21
Waza u-Herodi ngemmini emiselweyo,
esambete isivato sobukumkani, wahlala
pantsi esihlalweni esipakamileyo, wenza
isiteto kuwo. 22 Bandula abantu bame-
meza, *besiti:* Lilizwi lotixo, asi lelomntu.
23 Yaselimbeta kwa oko ingelosi YENKOSI,
ngenxa yokokuba akamnika UTIXO udu-
mo: waza wadhliwa zimpetu, wapuma
umpefumlo.
24 Kodwa ilizwi LIKATIXO lalikula, lali-
sandiswa. 25 Bati ke u-Banabasi no-Sau-
lusi babuya e-Yerusaleme, bakuba bebe-
zalisekisile ukonzo *lwabo*, batabata nabo
no-Johane, owabizwa ngelinye igama
elingu-Maraki.

13 KWAYE kubo kuko abatile e-Anti-
yoki, erementeni yakona, abaprofite
nabafundisi; kwa u-Banabasi, no-Simone,
obebizwa ngo-Nigere, no-Lukusi wase-
Kirene, no-Manahene, obesondhliwa nda-
wonye no-Herodi inkosi, no-Saulusi. 2
Kekaloku nxa bebesenza isikonzo KWIN-
KOSI, bezila ukutya kanjalo, wati umoya
oyingcwele: Ndahluleleni ke u-Banabasi
no-Saulusi kulomsebenzi endibabizeleyo
kuwo. 3 Bandula bati, bakuba bezilile
ukutya, betandazile nokutandaza, bebekile
izandhla pezu kwabo babandulula.
4 Aba ke ngoko, betunyiwe ngumoya
oyingcwele, behlela e-Selusiya, besuka
kona baselishela e-Kiperusi. 5 Bati ba-
kuba bebefikile e-Salamise, bashumayela
ilizwi LIKATIXO ezindhlwini zenklanganiso
zama-Juda: babe kanjalo beno-Johane
engumkonzi. 6 Baza becandile isiqiti
kwada kwase-Pafosi, bafumana isanuse esi-
tile, umprofite obuxoki, um-Juda, ogama
lalingu-Bara-yesu, 7 esibe sinaye umgwe-
bi welozwe, u-Seregiyo Paulusi, umntu
osisazi: yena lo ebabizile u-Banabasi no-
Saulusi, wanxamela ukuva ilizwi LIKATIXO:
8 kodwa u-Elimasi, isanuse, (ngokuba li-
njalo igama lake ngokukunyushwa,) wa-
melana nabo, efuna ukumpambukisa um-
gwebi elukolweni. 9 Waza u-Saulusi,
(*obizwa* nango-Paulusi,) ezalisiwe ngumoya
oyingcwele, wabeka amehlo pezu kwake,
10 wati: Wena uzele yiyo yonke inko-
hliso nabubo bonke ubunginingini, mntwa-
na ka-Satane, lutshaba lwabo bonke ubu-
lungisa! akuyi kupeza na ukupambukisa
indhlela ezilungileyo ZENKOSI? 11 Naka-
loku, bona ke, isandhla SENKOSI sipezu



University of Fort Hare

kwako, wauya kuba yimfama, ungaboni
ilanga kube 'mzuzu. Kwasekusiwa pezu
kwake kwa oko ubunkungu nobumnyama;
waza efumfutisela wafuna abantu bo-
kumtundeza ngesandhla. 12 Wandula
umgwebi akubona oko kwenzekileyo
wakolwa, emangaliswa pezu kwofundiso
LWENKOSI.

13 Kekaloku nxa o-Paulusi bandulukayo
e-Pafosi, beza e-Perega yase-Pamfiliya.
Waza u-Johane wemka kubo, wabuyela e-
Yerusaleme.

14 Kodwa bona besukile e-Perega baca-
nda *ilizwe*, bafika e-Antiyoki yase-Pisidiya,
bangena endhlwini yenklanganiso ngom-
hla wesabata, bahlala pantsi. 15 Bati ke
emveni kwokuleseshwa kwomteto nabapro-
fite abapati bendhlu yenklanganiso batuma
kubo, besiti: Madoda, bazalwana! ukuba
ninalo ilizwi lokuyala *ukuliteta* ebantwini,
tetani.

16 Wasuka wema u-Paulusi, wakoba
ngesandhla, wati: Madoda, bo-Sirayeli,
nani boyikayo UTIXO! pulapulani. 17 U-
TIXO wababantu o-Sirayeli wabaqasha oba-
wo betu; nabantu abo wabapakamisa ba-
kuhlala njengabasemzini ezweni le-Jipete,
wabakupa kulo ngengalo epakamileyo.
18 Wati ixesha langa layiminyaka ema-
shumi mane wanyamezela imikwa yabo
enklango. 19 Waza ezicitile inklanga ezi-
sixenxe ezweni le-Kanane, wababela um-
hlaba wazo ngeqashiso. 20 Nasemveni
kwoku wab*a*nika abagwebi iminyaka ya-
nga yamakulu mane anamashumi mahlanu,
kwada kwako u-Samyali umprofite. 21
Bati kamva bacela ukumkani; waza UTIXO
wabanika u-Saule unyana ka-Kishe, in-
doda yakwisizwe sika-Benjamine, iminya-
ka yamashumi mane. 22 Waza emshe-
nxisile yena, wabavusela u-Davide abe
ngukumkani; owamnqinelayo kanjalo,
wati: Ndimfumene u-Davide *unyana* ka-
Jese, indoda njengokweyami inkliziyo, oya
kukwenza konke ukutanda kwami. 23
Kwinzalo yaló UTIXO njengokwesibambiso
wavusela o-Sirayeli umsindisi, u-Yesu;
24 akubá u-Johane ebeshumayele pambili
ubapitizesho lwoguquko kubo bonke aba-
ntu bakwa-Sirayeli, engekafiki yena. 25
Naxeshekweni u-Johane ebegqibela uha-
mbo lwake, wayesiti: Nizindhla ukuba
ndingubanina? andinguye; koko, bona ke,
kusiza emva kwami ozihlangu zeunyawo
ndingafanele mina ukuzitukulula.

26 Madoda, bazalwana, lusapo lwesiza-
lwane sika-Abrahame, nabo pakati kwenu
abamoyikayo UTIXO! litunyiwe kuni ilizwi
losindiso olu. 27 Ngokuba abo bemiyo
e-Yerusaleme, nabapati babo, bengamaza-
nga yena lowo, nawo amazwi abaprofite,
aleseshwayo ngesabata zonke, ba*wa*zalise-
kisile ngoku*m*gweba. 28 Kanjako bakuba
bengafumananga 'tyala elibang' ukufa,
bacela ku-Pilati ukuba makabulawe. 29
Naxeshekweni babefezile zonke izinto ezi-
bàliweyo ngaye, ba*m*tula emtini, bambeka
enewabeni. 30 Kodwa UTIXO wamvusa
ekufeni; 31 owabonakala ngemihla emi-
ninzi kwabo babenyukile naye ukuza e-
Yerusaleme, abangamanqina ake ebantwi-
ni. 32 Nati tina siyanishumayeza isiba-
mbiso esenzelwa obawo betu, 33 okokuba
esi UTIXO usizalisekisile kuti 'lusapo lwabo,
emvusile nje u-Yesu; njengokuba kanjalo
kubàliwe eculweni lesibini *ukuti:* Ungu-
nyana wami wena, ndikuzele namhla nje.
34 Nokokuba wamvusa ekufeni, angabi
saya kubuyela ekuboleni, utshilo ukuti:
Ndiya kunipa izibele zika-Davide eziqini-
sekileyo. 35 Uti ngoko nakwelinye *iculo:*
Akuyi kuyekelela oyingcwele yako abone
ukubola. 36 Ngokuba ke u-Davide, akuba
ebekonzile isizukulwana sake ngemvumo
KATIXO, walala ubutongo, wabekelwa ko-
yise bake, wabona ukubola: 37 kodwa
lowo UTIXO wamvusayo, akabona 'kubola.

38 Makwazeke kuni ngoko, madoda,
bazalwana! ukuba ngaye lo kuyashunya-
yelwa kuni ukuxolelwa kwezono; 39 no-
kuba ngaye lo osukuba ekolwa uyakulu-
lwa kuzo zonke izinto, enibe nikohliwe
kukukululwa kuzo ngomteto ka-Mosesi. 40
Lumkani ngoko, kuze kunganihleli oko
kutetiweyo ebaprofiteni *ukuti:* 41 Kange-
lani, nina 'badeli! niti nqa, niti shwaqe;
ngokuba umsebenzi ndiwusebenza emi-
hleni yenu, umsebenzi eningasayi kukolwa
nguwo, nakuba umntu ewushumayela kuni.

42 Kekaloku akuba ama-Juda ebepuma
endhlwini yenklanganiso, babebongoza
abaheyideni ukuba lamazwi atetwe kubo
ngesabata yasemva. 43 Kwati kwakuba
kundulukile inklanganiso, abaninzi bama-
Juda nababangene ebujudeni ababedeshayo
balandela u-Paulusi no-Banabasi; abati
beteta kubo, babacenga ukuba bamane
ukuma elufefeni LUKATIXO.

44 Kekaloku ngesabata elandelayo, saza
kuba sonke isixeko sihlanganisene ukuva



University of Fort Hare

ilizwi LIKATIXO. 45 Kodwa ama-Juda aku-
zibona izihlwele, azaliswa luzondo, apika
ezonto zibe zitetwa ngu-Paulusi, epika,
egxeka nokugxeka. 46 Baza bakalipa u-
Paulusi no-Banabasi, bati: Bekufanelekile
ukuba ilizwi LIKATIXO litetwe kuni uku-
qala; kodwa ekubeni nililahlayo, nizigwe-
ba nje ukuba anifanele ubomi obunguna-
pakade, bona ke, siyajikela kubaheyideni:
47 ngokuba INKOSI isiyalele ngokunjalo,
*isiti:* Ndikubekele ukuba lukanyiso lwaba-
heyideni, ukuze ube ngowosindiso kude
kube sekupeleni kwomhlaba. 48 Bati
abaheyideni besiva ezizinto bavuya, ba-
dumisa ilizwi LENKOSI: baza bakolwa bo-
nke ababe bemiselwe ubomi obungunapa-
kade.

49 Laye ilizwi LENKOSI libe lihanjiswa
kulo lonke elozwe. 50 Kodwa ama-Juda
atelekisa amankazana abedeshayo nadumi-
leyo n*amadoda* amakulu asesixekweni, avu-
sa intshutshiso ngaku-Paulusi no-Banabasi,
abagxota emideni yawo. 51 Koko bavutu-
lulayo utuli lwennyawo zabo ngakuwo,
beza e-Koniyume. 52 Baye abadisipile
bezaliswa luvuyo nangumoya oyingcwele.

14 KWAYE kute e-Koniyume, bangena
kunye endhlwini yenklanganiso yama-
Juda, benje njalo ukuteta, ukuba kwa-
kolwa umhlambi omkulu nowama-Juda
nowama-Girike. 2 Kodwa ama-Juda abe-
ngakolwa avuselela abaheyideni, acapu-
kisa imipefumlo yabo ngakubo abazalwana.
3 Kwa njalo ke bahlala *kona* ixesha eli-
kulu, beteta ngokukalipa ENKOSINI, ebinqi-
nela ilizwi lofefe lwayo, yanika ukuba
imiqondiso nemimangaliso yenziwe nge-
zandhla zabo. 4 Kodwa umhlambi wesi-
xeko wahluleka: baye ke innxennye be-
ngecala lama-Juda, nennxennye ngecala
labapostile. 5 Naxeshekweni kwesuka
imvukelo yabaheyideni nama-Juda kunye,
ndawonye nabagwebi babo, ukubapata
kakubi nokubagibisela ngamatye, 6 bati
bakutelekelela, besabela e-Lisitira nase-
Derebe, izixeko zase-Likayoniya, nase-
zweni langakona; 7 baye belapo beshu-
mayela ivangeli.

8 Kekaloku indoda etile e-Lisitira ebi-
ngenamandhla ezinnyaweni *zayo* yabihleli,
ebisisiqwala kwa sesizalweni sonina, ebi-
ngazanga ihambe: 9 yona le yabisiva u-
Paulusi eteta; owabeka amehlo pezu kwayo,
waza akubona ukuba inokolo lwokupili-
swa, 10 wati ngelizwi elikulu: Suka
ume ngennyawo zako upakamile. Yaza
yatsiba yahamba. 11 Zati izihlwele zaku-
bona oko abekwenzile u-Paulusi, zapaka-
misa ilizwi lazo, zisiti ngokwama-Likayo-
niya: Otixo bahlikele kuti befana nabantu.
12 Zaye zibiza ke u-Banabasi ngo-Jupitere:
no-Paulusi ngo-Merekuri, ngokokuba yena
ebenguye umteti omkulu. 13 Waza umpe-
risite wo-Jupitere, obepambi kwesixeko
sazo, wazisa inkabi nezitsaba zentyatyambo
emasangweni, wafuna ukwenza idini ku-
nye nabantu. 14 Kodwa abapostile, u-
Banabasi no-Paulusi, bakuva *oko*, barazula
izivato zabo, babalekela pakati kwesihlwe-
le, bedanduluka, 15 besiti nokuti: Ma-
doda! yinina ukuba nenze ezizinto? nati
singabantu abamilo ifana neyenu, sishu-
mayela kuni ukuba maniguquke kwezi-
zinto ezingendawo *niguqukele* kuye UTIXO
ohleliyo, owenza izulu, nomhlaba, nolwa-
ndhle, nento zonke ezikuzo: 16 owati
emaxesheni agqitileyo wayeka inklanga
zonke zihambe ngezazo indhlela. 17 Ka-
nti ke noko akazishiya engenakunqinelwa,
esenza okulungileyo, esinika imvula ivela
ezulwini namaxesha acumileyo, ezalisa
inkliziyo zetu ngokutya nangovuyo. 18
Bati nangokutsho cebetshu bakohlwa uku-
yekisa izihlwele, ukuba zingabenzeli idini.

19 Kwaza kwafika ama-Juda evela e-
Antiyoki nase-Koniyume, azihenda izi-
hlwele, amgibisela u-Paulusi ngamatye,
amrola ngapandhle kwesixeko, esiba ufile.
20 Kodwa nxa abadisipile babemngqongile,
wesuka, wangena esixekweni.

Waza ngomnye umhla wapuma no-Bana-
basi waya e-Derebe. 21 Bati bakuba
beshumayele ivangeli kwesosixeko, bebe-
nzile abadisipile abaninzi kanjalo, babu-
yela e-Lisitira, nase-Koniyume, nase-
Antiyoki: 22 besomeleza imipefumlo
yabadisipile, bebayala ukuba bahlale elu-
kolweni,—nokuba kungazo imbandezelo
ezininzi esifanele ukungena ebukumka-
nini BUKATIXO. 23 Kekaloku bebabalulele
abadala iremente ngeremente, betandazile
kunye nokuzila ukutya, bababekela ENKO-
SINI abebekoliwe kuyo. 24 Bati bakuba
bebecandile i-Pisidiya, beza e-Pamfiliya:
25 baza betetile ilizwi e-Perega, behlela
e-Ataliya: 26 baza besuka kona baseli-
shela e-Antiyoki, apo abebenikelwe elufe-
feni LUKATIXO kona ngennxa yomsebenzi
ababewufezile.



University of Fort Hare

27 Bati bakufika, behlanganisile ireme-
nte, baxela konke abekwenzile ngabo
UTIXO, nokokuba ebevulele abaheyideni
ucango lwokolo. 28 Baza bahlala kona ixe-
sha elingencinane ndawonye nabadisipile.

15 KEKALOKU abatile abebehlile e-
Judeya, bebefundisa abazalwana, *be-
siti :* Ukuba analuki ngesiko lika-Mosesi,
aningesindiswe. 2 Ngako xeshekweni u-
Paulusi no-Banabasi babenongxolisano
nopikisano olungencinane nabo, bamisela
ukuba u-Paulusi no-Banabasi, nabanye
abatile bakubo, banyukele e-Yerusaleme
kubo abapostile nabadala pezu kwalom-
buzo. 3 Bandula bona, bepelekelelwe
yiremente, bacanda i-Fenisi ne-Samariya,
beshumayela ukuguquka kwabaheyideni :
baye besenzela bonke abazalwana uvuyo
olukulu. 4 Bati bakufika e-Yerusaleme,
bamkelwa ngembuko yiremente nabapo-
stile nabadala, baxela konke abekwenzile
ngabo UTIXO. 5 Kodwa kwesuka kwema
abatile bakulo uhlobo lwabafarisi abakoli-
weyo, besiti : Kufanele ukuba baluke,
nokuba bayalezelwe ukugcina umteto ka-
Mosesi.
6 Baza bahlanganisana abapostile naba-
dala ukuba baqonde lendawo. 7 Kekaloku
lwakubako upikisano olukulu, wesuka u-
Petrosi, wati kubo : Madoda, bazalwana !
niyazi kakulu nina ukuba kuse kukade wa-
*ndi*nyulayo UTIXO pakati kwetu, ukuba aba-
heyideni beve ngomlomo wami ilizwi leva-
ngeli, bakolwe. 8 Kanjako UTIXO ozaziyo
inkliziyo wabanqinela, enikile kubo umoya
oyingcwele, njengokuba *ebemnikile* nakuti ;
9 engenzanga 'kwahluka pakati kwetu
nabo, ehlambulule inkliziyo zabo ngokolo.
10 Ngako kaloku yinina ukuba nimlinge
UTIXO, ngokubeka iyokwe pezu kwentamo
yabadisipile, abangabanga namandhla kwa
nobawo nati ukuyitwala ? 11 Koko ku-
ngalo ufefe LWENKOSI u-Yesu Krestu esiko-
lwa ukuba siya kusindiswa, kwa ngen-
dawo *abaya kusindiswa* ngayo bona nabo.
12 Waza wonke umhlambi wati cwaka,
wapulapula ku-Banabasi naku-Paulusi,
betyela leyo imiqondiso nemimangaliso
emikulu abeyenzile UTIXO pakati kwabahe-
yideni ngabo.
13 Nasemveni kwokuba bebete cwaka
bona, wapendula u-Yakobi, esiti : Madoda,
bazalwana ! ndipulapuleni. 14 U-Simone
utyele indawo waqala ngayo UTIXO uku-
tyelela kubaheyideni, ukuba atabatele
igama lake abantu kubo. 15 Kanjako
ayalungelelana noku amazwi abaprofite ;
njengokuba kubàliwe *ukuti :* 16 Emveni
kwoku ndiya kubuya, ndandiya kubuya
ndilake ipempe lika-Davide eliwileyo ; nen-
gcitakalo zalo ndobuya ndizake, ndilimise
kanjako : 17 ukuze isisalela sabantu sibe
sifuna INKOSI, nabo bonke abaheyideni
ekubizwe pezu kwabo igama lami, utsho
UYEHOVA okwenzayo oku konke. 18 Ya-
ziwa NGUTIXO yonke imisebenzi yake kwa
sekuqalekeni kwexesha. 19 Nditi ngoko
ukugweba kwami, masingabakatazi abo
bakubo abaheyideni abaguqukela KUTIXO ;
20 masibàle kubo ukuba bazile izinto ezi-
ncolisekileyo zezitixo, nombulo, nokurwi-
shiweyo, negazi. 21 Ngokuba u-Mosesi
kutabata emaxesheni akudala enabo kuzo
zonke izixeko abamshumayelayo, eleseshwa
ezindhlwini zenklanganiso ngesabata zonke.
22 Kwandula kwanga kulungile kuba-
postile, nakubadala, kunye nayo yonke
iremente, ukunyula amadoda kwababo, ba-
watume e-Antiyoki kunye no-Paulusi no-
Banabasi ; *kwa* u-Jude, obebizwa ngelinye
igama elingu-Barasaba, no-Silasi, amadoda
amakulu pakati kwabazalwana ; 23 bebà-
lile ngabo ezizinto *zokuti :* Abapostile, na-
badala, nabazalwana, kubo abazalwana
abangabakubo abaheyideni abase-Antiyoki,
nase-Siriya, nase-Silisiya, bebulisa. 24
Ngokokuba sivile ukuba abatile abapuma
kuti banipitizelisa ngamazwi, bexalisa
imipefumlo yenu, besiti *nifanele* ukwaluka
nokugcina umteto, esibe singabanikanga
umyalezo *wokutsho :* 25 kwanga kulungile
kuti, sihlangene nje ngenkliziyo 'nnye,
ukunyula amadoda *atile*, siwatume kuni,
kunye nabatandwa betu u-Banabasi no-
Paulusi, 26 abantu abancamileyo ubomi
babo ngenuxa yegama LENKOSI yetu u-Yesu
Krestu. 27 Sibatumile ngoko u-Jude no-
Silasi, abaya kuti bona ngokwabo ba*ni*tyele
kwa ezizinto ngomlomo. 28 Ngokuba
kube kunga kulungile kumoya oyingcwele
nakuti, ukuba singabeki pezu kwenu nan-
nye umtwalo omkulu kwezizinto ezifanele-
kileyo : 29 Zokuba nizile izinto ezibinge-
lwe izitixo, negazi, nokurwishiweyo,
nombulo : eniya kuti nizigcina ningazenzi
nilungise. Hlalani kakuhle.
30 Bandula bona bakuba bendululwe
beza e-Antiyoki : baza bewuhlanganisile
umhlambi, banikela incwadi ; 31 *a*bati



University of Fort Hare

baku*yi*lesesha, bavuya ngennxa yonwabiso.
32 Baza u-Jude no-Silasi, bengabaprofite
bona nabo, bayala abazalwana ngokuteta
okuninzi, babomeleza. 33 Bati bakuba
bebenzile umzuzu, bandululwa ngoxolo
kubazalwana ukuya kubapostile. 34 Ko-
dwa kwanga kulungile ku-Silasi ukuba
alibale kona. 35 Kanjalo u-Paulusi no-
Banabasi bebehlala e-Antiyoki, befundisa
beshumayela nokushumayela ilizwi LENKOSI,
ndawonye nabo nabanye abaninzi.

36 KEKALOKU emveni kwemihla etile
wati u-Paulusi ku-Banabasi: Makesibuye
siye sityelele kubazalwana betu kuzo
zonke izixeko, apo silishumayele kona ili-
zwi LENKOSI, *sibone* ukuba banjanina. 37
Waza u-Banabasi wanxamela ukutabata
nabo u-Johane obebizwa ngo-Maraki. 38
Kodwa u-Paulusi ebeba akufanelekile
ukumtabata nabo yena lo, owesuka kubo
e-Pamfiliya, engayanga nabo emsebenzini.
39 Kwabako ngoko ubambano olubukali,
bada bahlukana omnye nomnye, wati u-
Banabasi wamtabata u-Maraki, waselishela
e-Kiperusi. 40 Kodwa u-Paulusi waqasha
u-Silasi, wemka, enikelwe elufefeni LUKA-
TIXO ngabazalwana.
41 Waza wacanda i-Siriya ne-Silisiya,
ezomeleza iremente.

16 Waza wafika e-Derebe nase-Lisitira:
kekaloku bona ke, umdisipile otile
ebekona, egama lingu-Timote, unyana
womfazi otile obengum-Judakazi okoli-
weyo, nowoyise obengum-Girike; 2 obe-
nqinelwa kakuhle ngabazalwana abebese-
Lisitira nase-Koniyume. 3 Yena lo u-
Paulusi watanda ukuba apume aye naye;
waza wamtabata wamalusa, ngennxa yama-
Juda abekuzo ezondawo; ngokuba onke
ebemazi uyise ukuba ungum-Girike. 4
Bati ke nxa bebezicanda izixeko, babani-
kela imiteto ebekugwetyiwe ngayo ngaba-
postile nabadala abebese-Yerusalemo, ukuba
bayibambe. 5 Kwa nje ke iremente zibe
ziqiniswa elukolweni, zamana zisanda
inani lazo imihla ngemihla.
6 Kekaloku bakuba bebecandile i-Firiji-
ya nelizwe le-Galati, besalelwa ngumoya
oyingcwele ukuteta ilizwi e-Asiya, 7 bati
bakufika e-Misiya, balinga ukuya e-Biti-
niya; kanti UMOYA akabavumela. 8 Baza
bedhlula e-Misiya behla beza e-Tirowa.
9 Kwaza kwabonakala umboniso ku-Pau-
lusi ebusuku: Kwaye kumi indoda etile
yase-Masedoniya, imbongoza, isiti nokuti:
Wela uze e-Masedoniya, usisize. 10 Xe-
shekweni ke abebonile umboniso lowo, sati
kwa oko safuna ukumka siye e-Masedoniya,
siqonda *ngawo* ukuba INKOSI isibizele uku-
shumayela ivangeli kubo.
11 Ngako sindulukile nje e-Tirowa, sati
ngqo ukuselishela e-Samotirase, na*ngom-
hla* olandelayo e-Neyapolise. 12 Saza si-
suka kona saya e-Filipi, esisixeko esikulu
sesosahlulo sase-Masedoniya, siyikoloni.
Saye sibe sihlala kwesisixeko imihla etile:
13 sati ke ngomhla wesabata sapuma saya
pandhle kwesixeko ngasemlanjeni, apo
bekulisiko ukuba kutandazwe kona; sa-
za sahlala pantsi, sateta kuwo amanka-
zana abebutene ndawonye. 14 Kwaye
kusiva inkazana etile egama lingu-Lidiya,
umtengikazi w*ezivato* ezibomvu wasesixe-
kweni se-Tiyatira, ebibedesha UTIXO; e-
nkliziyo yayivulayo INKOSI, ukuba inyame-
kele izinto ezibe zitetwa ngu-Paulusi. 15
Yati yona yakuba ibapitizeshiwe, nendhlu
yayo, yasibongoza, isiti: Ukuba nigwebile
ukuti ndinyanisekile KWINKOSI, ngenani
endhlwini yami, nihlale *kona*. Yaza yasi-
qùba.
16 Kwaye kute, nxa sibe sisiya enda-
weni yokutandaza, isicakazana esitile sino-
moya wokulaula sasikaulela, esasisenzela
inkosi zaso inzuzo enkulu ngokulaula.
17 Sona salandela u-Paulusi nati, sadandu-
luka, sisiti: Ababantu bazizicaka ZIKATIXO
opezu konke, ezisishumayezayo indhlela
yosindiso. 18 Oku ke sasikwenza imihla
yamininzi. Kodwa u-Paulusi, ebindekile
nje, wajika wati kumoya lowo: Ndiyakuya-
lela egameni lika-Yesu Krestu ukuba upume
kuso. Waza wapuma kwa ngeloxeshana.
19 Kekaloku inkosi zaso zakubona uku-
ba itemba lenzuzo yazo limkile, zabamba
u-Paulusi no-Silasi, zabarolela endaweni
yentengo pambi kwabapati. 20 Zaza zi-
bangenisile emagoseni zati: Ababantu ba-
yakataza isixeko setu kakulu, bengama-
Juda nje; 21 abati bashumayele amasiko
ekungavunyelwa tina ukuba siwamkele no-
kuba siwenze, singama-Roma nje. 22 Saza
isihlwele sabasukela kunye; ati amagosa
ebahlutile ingubo ngokurazula, axela uku-
ba mababetwe ngentonga. 23 Baza bakuba
bebenzele imivimbo emininzi ba*ba*posela
entolongweni, bayalela umlindi wentolongo
ukuba abagcine ngokuqinisekileyo: 24 o-
wati esamkele isiyalelo esinjalo, wabapose-



University of Fort Hare

la entolongweni yapakati, waqinisa innya-
wo zabo emtini.
25 Kekaloku pakati kwobusuku u-Pau-
lusi no-Silasi bebetandaza, bavuma ama-
culo KUTIXO: baye ke ababanjwa bebapu-
lapula. 26 Kwaza kwabako ngokwalama
isingcangcazelo somhlaba esikulu, yada ya-
zanyazanyiswa imisekelo yentolongo: za-
suka zavuleka ingcango kwa oko zonke, ne-
zinxibo zabo bonke zatukululeka. 27 Wati
umlindi wentolongo evukile ebutongweni
bake, ebona ukuba ingcango zentolongo zi-
vulekile, warola isirele, waza kuzibulala,
eba ababanjwa besabile. 28 Kodwa u-Pau-
lusi wamemeza ngelizwi elikulu, esiti: U-
ngazenzakalisi; ngokuba silapa kwa sonke.
29 Waza wabiza isibane, watsibela pakati,
waba engcangcazela, wawa pantsi pambi
kwo-Paulusi no-Silasi, 30 wabakokela
ngapandhle, wati: Zinkosi! ndifanele
ukwenza 'nto nina ukuze ndisindiswe? 31
Bati ke bona: Kolwa kuyo INKOSI u-Yesu
Krestu, wauya kusindiswa wena nendhlu
yako. 32 Baza bâteta kuye ilizwi LENKOSI,
nakubo bonke abebesendhlwini yake. 33
Waza wabatabata naye ngelona ixeshana
lobusuku, wahlanza imivimbo *yabo*, waba-
pitizeshwa yena nabo bonke abake kwa oko.
34 Wati kanjalo akuba ebanyusele en-
dhlwini yake, wababekela ukutya, wagcoba
ukuba ekoliwe KUTIXO, kunye nayo yonke
indhlu yake.
35 Kekaloku kwakuba kusile, amagosa
lawo atuma imisila, esiti: Bakulule abantu
abo. 36 Waza umlindi wentolongo wam-
tyela u-Paulusi lamazwi, *wati:* Amagosa
atumile ukuti manikululwe; ngako kalo-
ku pumani, nihambe ngoxolo. 37 Kodwa
u-Paulusi wati kuyo: Asityabula ekuhleni
singagwetywanga, singabantu abangama-
Roma, asiposela entolongweni: kekaloku
ngoku ayasikupa ngasese na? hai kambe;
makeze wona ngokwawo asikapele ngapa-
ndhle. 38 Yati imisila yaxela lamazwi ku-
magosa: aza oyika akuva ukuba bangama-
Roma, 39 eza ababongoza, abakapela nga-
pandhle, abatandaza ukuba mabemke esixe-
kweni. 40 Bapuma ke entolongweni, ba-
za bangena *endhlwini* ka-Lidiya: baza ba-
kuba bebebonile abazalwana, babonwabisa,
bemka.

17 KEKALOKU bakuba bebecandile i-
Amfipolisi ne-Apoloniya, beza e-Tesa-
lonika, apo ibikona indhlu yenklanganiso
yama-Juda. 2 Waza u-Paulusi, njengoku-
ba belinjalo isiko lake, wangena kuwo, wati
ngesabata zantatu wateta nawo ezibàlweni, 3
ezaneka, ebeka pambi *kwawo* ukuba u-Krestu
ebefanele ukuva inklungu nokuvuka eku-
feni, nokuba lo unguye u-Krestu, u-Yesu
enditi, *watsho*, ndimshumayele kuni. 4 Aza
innxennye kuwo akolwa, adhlelana no-
Paulusi no-Silasi; kwa nomhlambi omkulu
wama-Girike abedeshayo, nenani lamanka-
zana amakulu elingelincinane.
5 Kodwa ama-Juda angakolwayo eba
nozondo, atabatela kuwo amadoda atile
azimncwangu kumadungudwane asezinku-
ndhleni, enza imbutumbutu, apitizelisa isi-
xeko, araula indhlu ka-Yasone, afuna uku-
bakupela ebantwini. 6 Ati ke engabafuma-
nanga, arola u-Yasone nabazalwana abatile
pambi kwabagwebi besixeko, ememeza
ukuti: Aba, abalipitizileyo ilizwe, bafikile
nalapa; 7 ate u-Yasone ubamkele *endhlwini:*
kanjako aba bonke bayenza ngokunelana
nemiteto ka-Kesare, besiti kuko ukumkani
wumbi, u-Yesu. 8 Axalisa isihlwele ke,
nabagwebi besixeko, besiva ezizinto. 9
Baza bakuba betabatile isibambiselo ku-
Yasone nakwabanye, babandulula.
10 Bati abazalwana kwa oko batuma u-
Paulusi no-Silasi ebusuku ukuya e-Bereya;
abati bakufika, baya bangena endhlwini
yenklanganiso yama-Juda. 11 Wona la
ebegqitisile ngesimo sawo kwawase-Tesa-
lonika, ekubeni alamkelayo ilizwi ngako
konke ukuvuma kwenkliziyo, ezibenca izi-
bàlo imihla ngemihla, ukuba ezizinto zinjalo
kusinina. 12 Ngako ke abaninzi bakuwo
bakolwa, nenani lamankazana adumileyo
angama-Girikekazi nelamadoda elingeli-
ncinane. 13 Kodwa ama-Juda ase-Tesa-
lonika, xeshekweni abesazi ukuba ilizwi
LIKATIXO lashumayelwa ngu-Paulusi nase-
Bereya, eza nakona evuselela izihlwele.
14 Bandula abazalwana kwa oko bam-
susa u-Paulusi ukuya njengokuba *kuyiwa*
elwandhle; kodwa u-Silasi no-Timote
basala kona. 15 Bati abo bamkapayo u-
Paulusi bamsa e-Atenesi; baza besamkele
isiyalezelo ku-Silasi no-Timote, sokuba
beze kuye ngokukauleza kakulu, bemka.
16 Kekaloku uxa u-Paulusi ebelalinda
e-Atenesi, ummoya wake ubucapukiswa
pakati kwake, ebona isixeko ukuba sizele
zizitixo. 17 Ngako ke wabeteta endhlwi-
ni yenklanganiso kuma-Juda nakwaba-
bedeshayo, nasendaweni yentengo nge-



University of Fort Hare

mihla yonke *wabepikisana* nabo bafumanana
naye. 18 Baza abafilosofe abatile bakwaba-
Epikuro nabakwa-Stoyike bapika naye.
Babesiti ke innxennye: Singafun' ukuti
nina isitetateti esi? kodwa *babesiti* aba-
nye: Unga ungumshumayeli wotixo ba-
semzini; ngokuba ebeshumayela kubo u-
Yesu novuko *lwabafileyo.* 19 Baza bam-
tabata *nabo*, bamsa kuyo *indawo e-kutiwa* yi-
Aripago, besiti: Singaba sisazi na, lolwanina
olufundiso olutsha olutetwa nguwe? 20 ngo-
kuba uzingenisa ezindhlebeni zetu izinto
ezitile ezimangalisayo: singa singazi ngoko,
zingafun' ukuti nina ezizinto. 21 (Keka-
loku bonke abase-Atenesi, nabasemzini abe-
beranukele kona, bebedhlulisa ixesha labo
ngokuxela nangokupulapula indaba ezin-
tsha kwapela.)
22 Waza u-Paulusi wema pakati kwayo
*indawo e-kutiwa* yi-Aripago, wati: Madoda
ase-Atenesi! nditi ngendawo zonke ndibone
okokuba nigqitisile ngokuhlonela otixo.
23 Ngokuba ekudhluleni, nasekugqaleni
izibedeshelo zenu, ndafumana nesibingelo
ebekubàliwe pezu kwaso *ukuti:* KONGAZI-
WAYO UTIXO. Oyena ngoko enimbedeshayo
ningamazi, lo ndiyamshumayela kuni. 24
UTIXO owenza ilizwe nento zonke ezikulo, lo,
EYINKOSI yezulu nomhlaba nje, akahlali ezi-
tempileni ezenziweyo ngezandhla; 25 aka-
konzwa zizandhla zabantu kanjako, njengo-
kungati ebeswela into, enguye ngokwake
obapa bonke ubomi, nompefumlo, nento
zonke; 26 ote kanjalo wazenza ngegazi
linye zonke inklanga zabantu, ukuba ba-
hlale pezu kwobuso bonke bomhlaba, eba-
lule amaxesha amiselweyo pambili nemida
yenklalo yabo; 27 ukuze bafune INKOSI,
ukuba ngaba bangati bayiputaputele bayi-
fumane, nakuba ingekude kuti sonke; 28
ngokuba kukuyo sihleli, sishukuma, sibako,
njengokuba nenklabeli ezitile zakowenu zi-
tshilo ukuti: Ngokuba siyinzalo yake nati.
29 Ngako siyinzalo KATIXO nje, asifanele
ukuti okubUTIXO kunjengegolide, nesili-
vere, nelitye, into eziqingqiweyo ngobu-
ncibi nangeqinga labantu. 30 Lomaxesha
okungazi ke UTIXO ewanyamezele nje, uti
kaloku ayalele bonke abantu kuzo zonke
indawo ukuba baguquke. 31 Ngokokuba e-
misile umhla, okungawo uya kugweba ilizwe
ngobulungisa, ngendoda ayibaluleyo, ebe-
nzele bonke isiqiniso ngokuyivusa kwaba-
fileyo.
32 Kekaloku bakuva ngako ukuvuka
kwabafileyo, abanye babehleka; kodwa
abanye bati: Sobuya sikuve ngale*ndawo.*
33 Ngokunjalo ke wemka u-Paulusi pakati
kwabo. 34 Kodwa amadoda atile anama-
tela kuye, akolwa; ekwako pakati kwawo
u-Diyonisi um-Aripago, nomfazi ogama
lingu-Damarise, nabanye kunye nabo.

18 EMVENI kwezizinto ke, wemka u-
Paulusi e-Atenesi, weza e-Korinte; 2
wafumana *kona* um-Juda otile ogama lingu-
Akwila, owase-Pontusi ngokuzalwa, esand'
ukuvela e-Yitaliya, no-Pirisila umfazi wa-
ke, (ngennxa yokuba bekuyalelwe ngu-
Kilodiyusi ukuba onke ama-Juda emke e-
Roma,) waya kubo; 3 nangennxa yokuba
ubuncibi bake bebunjengobabo, wahlala
kubo, wasebenza; ngokuba bebengabenzi
bentente ubuncibi babo. 4 Waza wapi-
kisa endhlwini yenklanganiso ngesabata
zonke, weyisa ama-Juda nama-Girike.
5 Naxeshekweni u-Silasi no-Timote be-
behlile e-Masedoniya, u-Paulusi ebenyanze-
lwa emmoyeni *wake*, enqinisela ama-Juda
ukuba u-Yesu unguye u-Krestu. 6 Kodwa
ecasa wona, egxeka nokugxeka, wavutu-
lula izivato *zake*, wati kuwo: Igazi lenu
malibe pezu kwezenu inkloko; ndimsulwa
mina; ndoti emveni kwakaloku nje ndiye
kubaheyideni. 7 Waza wesuka kona, waya
wangena endhlwini *yomntu* otile ogama
lingu-Yusitusi, obebedesha UTIXO, ondhlu
ibibandakanyene nendhlu yenklanganiso.
8 Wati ke u-Krisipo, umpati wendhlu
yenklanganiso, wakolwa KWINKOSI kunye
nayo yonke indhlu yake; nabaninzi bakuwo
ama-Korinte besiva babekolwa, babapitize-
shwa. 9 Yaza yati INKOSI ku-Paulusi
ngomboniso ebusuku: Ungoyiki, uz' utete,
ungati ewaka: 10 ngokuba ndinawe mina,
kwaye kungayi kuwelana nawe namnye
ukuzo akwenzakalise; ngokuba ndinaba-
ntu abaninzi kwesisixeko. 11 Wahlala *kona*
ke umnyaka 'mnye unennyanga ezintanda-
tu, efundisa pakati kwabo ilizwi LIKATIXO.
12 Kekaloku nxa u-Galiyone ebengum-
gwebi pezu kwe-Akaiya, ati ama-Juda ngen-
kliziyo 'nnye asukela ngaku-Paulusi, amsa
pambi kwesihlalo sokugweba, 13 esiti: Lo
uyahenda abantu ukuba babedeshe UTIXO
ngokungalungelene nomteto. 14 Esaza
kuvula umlomo u-Paulusi, wati u-Galiyone
kuma-Juda: Ukuba kambe ibiyinto esise-
nzo esingalungileyo umhlaumbi esesobu-
ngini ngini obukohlakeleyo, nina 'ma-Juda!



University of Fort Hare

ngekufanelekile ukuba ndininyamezele;
15 kodwa ukuba ngumbuzo ngawo ama-
zwi, nangamagama, nangomteto wakowenu,
yukangeleni ngokwenu; ngokuba ndinga-
funi ukuba ngumgwebi wezizinto. 16
Waza wawagxota esihlalweni sokugweba.
17 Asuka onke ama-Girike ambamba u-
Sositene, umpati wendhlu yenklanganiso,
ambeta ebusweni besihlalo sokugweba:
kanti u-Galiyone ebengakataleli nannye
yezizinto.

18 KEKALOKU u-Paulusi akuba ebesa-
hleli kona imihla yamininzi, wabulisa aba-
zalwana, waselishela e-Siriya, benaye u-
Pirisila no-Akwila, egugule inkloko *yake* e-
Kenkriya; ngokuba ebesenzile isibambiso.
19 Waza wafika e-Efese, wabashiya abo
kona. Kodwa yena ngokwake wangena
endhlwini yenklanganiso, wateta kuma-
Juda. 20 Wati akutandazwa ngawo uku-
ba alibale ngakumbi kuwo, akavuma;
21 koko wawabulisayo, wati: Ndifanele
kunene ukuba ndiwubambe umtendeleko
ozayo e-Yerusaleme; kodwa ndobuya ndize
kuni, evuma UTIXO. Waza wanduluka e-
Efese. 22 Wati akuba ebefikele e-Kesa-
reya, wenyuka, wabulisa iremente, wehla
waya e-Antiyoki. 23 Waza elenzile ixesha
elitile *kona*, wemka, ecanda ilizwe le-
Galati ne-Firijiya indawo ngendawo,
esomeleza bonke abadisipile.

24 KEKALOKU um-Juda otile ogama
lingu-Apolosi, owase-Aletsandriya ngoku-
zalwa, iciko lokuteta, obenamandhla ezibà-
lweni, wafika e-Efese. 25 Yena lo waye-
fundisiwe indhlela YENKOSI; owabesiti ezo-
ndelele emmoyeni, wateta wafundisa ngo-
kukutala izinto ezingayo INKOSI, esazana
nobapitizesho luka-Johane lodwa. 26 Wati
lo kanjalo waqala ukuteta ngokukalipa en-
dhlwini yenklanganiso: abati bakuba be-
bemvile u-Akwila no-Pirisila, bamtabatela
kubo, bamcazela indhlela KATIXO ngokuko-
lisekileyo ngakumbi. 27 Naxeshekweni
ebefuna ukuhambela e-Akaiya, abazalwana
babàla kubadisipile *bakona*, babayala ukuba
mabamamkele ngembuko: owati akufika,
wabanceda kakulu abo bakoliweyo ngalo
ufefe: 28 ngokuba ebewanyela ama-Juda
ngamandhla ekuhleni, ebonakalisa ngezi-
bàlo ukuba u-Yesu unguye u-Krestu.

19 KWAYE kute nxa u-Apolosi ebeko e-
Korinte, wati u-Paulusi ecandile iza-
hlulo zasenkla, weza e-Efese: waza efumo-
ne *kona* abadisipile abatile, 2 wati kubo:
Namkela umoya oyingcwele nakukolwa
kusinina? Bati bona kuye: Aseva nokuba
umoya oyingcwele uko na. 3 Waza wati
kubo: Nabapitizeshelwa kwinto nina
pofu? Bati bona: Kulo ubapitizesho luka-
Johane. 4 Wati ke u-Paulusi: u-Johane
okunene wabapitizesha ngobapitizesho
lwoguquko, esiti ebantwini, mabakolwe
kulowo ozayo emva kwake, oko kukuti, ku-
Yesu ongu-Krestu. 5 Bati bakuva *oku*
babapitizeshelwa egameni LENKOSI u-Yesu.
6 Waza akuba u-Paulusi ebebekile pezu
kwabo izandhla *zake*, weza umoya oyin-
gcwele pezu kwabo; baza bateta ng*ezinnye*
inteto, baprofitesha. 7 Abe ke amadoda
lawo inani lonke engati alishumi linama-
bini.

8 Waza wangena endhlwini yenkla-
nganiso, wateta ngokukalipa, innyanga za-
zintatu, epikisa ecenga ngezinto ezingabo
ubukumkani BUKATIXO. 9 Kodwa xeshe-
kweni abatile baba lukuni, bengakolwa, be-
teta kakubi ngendhlela leyo ebusweni bom-
hlambi, wemka kubo, wahlula abadisipile,
epikisa imihla ngemihla esikolweni somntu
ongu-Tirano. 10 Kwaye kusenziwa oku
iminyaka yamibini, bada bonke ababemi
e-Asiya beva ilizwi LENKOSI u-Yesu, kwa
nama-Juda nama-Girike. 11 Kanjako
izenzo zamandhla ezingenziwa futi wabe-
zenza UTIXO ngezandhla zika-Paulusi; 12
kwada kwasiwa kwabafayo iqiya nezikaka
zivela emzimbeni wake, zaza izifo zesuka
kubo, nomoya abakohlakeleyo bapuma
kubo.

13 Bati kekaloku abatile bakuwo ama-
Juda azinncibi zokufungisa ezihambaha-
mbayo, balinga ukubiza igama LENKOSI u-
Yesu pezu kwabo babenomoya abakohla-
keleyo, besiti: Siyanifungisa u-Yesu, lowo
u-Paulusi amshumayelayo. 14 Kwabe-
kuko abatile, onyana baka-Sikeva, um-
Juda, umperisite omkulu, ababekwenza
oku. 15 Kodwa wapendula umoya oko-
hlakeleyo wati: u-Yesu ndiyamazi, no-
Paulusi ndiyamazi kakulu; kodwa nina,
ningobanina? 16 Waza umntu abekuye
umoya okohlakeleyo watsibela pezu kwabo,
wenza ngamandhla kubo, waboyisa, bada
besaba kuleyondhlu bezé belinyaziwe. 17
Lento ke yazeka kubo bonke ababemi
e-Efese, nakuma-Juda nakuma-Girike;
kwaza kwawa ukwoyika pezu kwabo bonke,



University of Fort Hare

laye igama LENKOSI u-Yesu belizukiswa.
18 Kanjalo abaninzi babakoliweyo babe-
siza bevuma betyela izenzo zabo. 19 Bati
nento enninzi yabo bazenza izenzo zoku-
nyanga baqokelela innewadi *zabo*, bazitshisa
ebusweni babo bonke: baza babala ama-
nani azo, bafumana ukuba *angamaqosha*
esilivere angamawaka amashumi mahlanu.
20 Bekunjalo lakulayo ilizwi LENKOSI
ngamandhla, loyisa.

21 Xeshekweni ke bekugqityelwe ezi-
zinto, wacinga u-Paulusi emmoyeni *wake*,
ukuba woti, akuba ecandile i-Masedoniya
ne-Akaiya, aye e-Yerusaleme, esiti: Em-
veni kwokuba ndiye kona, ndifanele uku-
bona ne-Roma. 22 Waza watuma e-Mase-
doniya ababini bakubo ababemkonza, u-
Timote no-Erastusi, walibala yena ngo-
kwake umzuzu e-Asiya.

23 Kodwa kwesuka ngeloxesha isipitipiti
esingencinane ngayo indhlela leyo. 24
Ngokuba *umntu* otile ogama lalingu-Deme-
triyusi, umkandi wesilivere, obezenza ite-
mpilana zesilivere zo-Diyana, wabezenzela
inncibi inzuzo engenncinane; 25 owazi-
butela ndawonye, nabasebenzi bezinto ezi-
njalo, wati: Madoda! niyazi kakulu u-
kuba kungobuncibi obu esinabo ubutyebi
betu. 26 Kanjako niyabona, niyeva no-
kuva, ukuba akukuyo i-Efeso yodwa, kuza
kuba kuyo yonke i-Asiya, u-Paulusi lo
upambukisile abantu abaninzi ngokucenga
kwake, esiti abangotixo abo benzwayo nge-
zandhla: 27 kuze kungabi kukuba lomsebe-
nzi wetu usemgcipekweni ukuza kwaliwa
kodwa, koko kanjalo itempile yotixokazi
omkulu u-Diyana *isemgcipekweni* ukubalwa
ngokuba yinto enganto, buti nobukulu bake
buze kucitwa, lowo yonke i-Asiya nelizwe
limbedeshayo.

28 Kekaloku bakuva *oku* baba bezele
ngumsindo, badanduluka, besiti: Umkulu
u-Diyana wama-Efese! 29 Saza isixeko
sonke sazaliswa yimpitizelo; basuka ba-
galekekela endaweni yokubonela ngenkli-
ziyo 'nnye, bebate rintyi u-Gayusi no-
Aristariko, ama-Masedoniya, abapeleki
baka-Paulusi ekubambeni. 30 Naxeshe-
kweni u-Paulusi ebenga angangena eba-
ntwini, abadisipile babengamvumeli. 31
Kanjalo nabatile bakubo abapati base-
Asiya, bengabahlobo bake, batuma kuye,
bambongoza ukuba makangazilahleli enda-
weni yokubonela. 32 Kwa njalo ke aba-
*nye* bebedanduluka ngento etile, nabanye
ngento yimbi: ngokuba inklanganiso ibi-
pitizele; baye abaninzi kubo bebengazi
ukuba bebebutene ngennxa yanto nina. 33
Bati *innxennye* bampumisa u-Aletsandere
esihlweleni, emtyàlela pambili ama-Juda.
Waza u-Aletsandere wakoba ngesandhla,
wafuna ukuzitetelela ebantwini. 34 Ko-
dwa bakunakana ukuba ungum-Juda,
kwesuka izwi 'nye kubo bonke, bedandu-
luka iyure zanga zambini, *besiti:* Umkulu
u-Diyana wama-Efese!

35 Waza umbàli wesixeko, akuba esitu-
tuzele isihlwele, wati: Madoda ase-Efese!
nguwupina umntu pofu ongaziyo ukuba isi-
xeko sama-Efese singumbedeshi wotixokazi
omkulu u-Diyana, nowo*mfanekiso* owileyo
ezulwini? 36 Ngako ezizinto zingenaku-
kanyezwa nje, kufanelekile kuni ukuba
niti tu, nokuba ningenzi 'luto ngokunxama
kakulu. 37 Ngokuba niwazisile *apa* ama-
doda la, engengabo abapangi betempile,
engengabo nabagxeki botixokazi wenu.
38 Ukuba ke ngoko u-Demetriyusi, nen-
ncibi ezinaye, banendawo ngakuye umntu,
kubanjwa imihla yamatyala, kuko naba-
gwebi; mabamemane. 39 Kodwa ukuba
niyabuza into ngazo zimbi indawo, ziya
kulungiswa enklanganisweni elungelene
nomteto. 40 Ngokuba sinengozi yoko-
kuba sonikwa ityala ngayo impitimpiti
yanamhla, kungeko 'tuba nje esingati
ngalo sipendulele lembutumbutu. 41 Waza
etshilo oku wandulula inklanganiso.

20 KEKALOKU emveni kwokuba beku-
pelile isipitipiti eso, u-Paulusi wabi-
zela *kuye* abadisipile, wababulisa, wemka
ukuya kuhambela e-Masedoniya. 2 Wati
ezicandile izahlulo ezo, ebayalile ngo-
kuteta okuninzi kanjalo, weza e-Girike.
3 Kwati akuba efezile innyanga ezintatu
*kona*, enzelwe ingcebo ngama-Juda nxa
abehlalela ukuselishela e-Siriya, kwa-
vuka iqinga lokuba wobuya nge-Mase-
doniya. 4 Kwaye kumpeleka kwada
kwase-Asiya u-Sopatere wase-Bereya; na-
kuma-Tesalonika, u-Aristariko no-Seko-
ndu; no-Gayusi wase-Derebe, no-Timote;
nabase-Asiya, u-Tikikusi no-Trofimo. 5
Aba besandulela basilinda e-Tirowa. 6 Sa-
za tina saselisha e-Filipi emveni kwemi-
hla yezonka ezingenagwele, seza kubo e-
Tirowa ngentsuku zanklanu; apo sahlala
kona intsuku zasixenxe.

7 Kekaloku ngolwokuqala *usuku* lwo-



University of Fort Hare

veki, uxa abadisipile bebehlanganisene
ukuqezula isonka, u-Paulusi wateta kubo,
ehlalela ukusuka ngomso; wabehambisa
isiteto *sake* kwada kwapakati kwobusuku.
8 Kwaye kuko izibane ezininzi enkambi-
lini yapezulu apo bebehlanganisene kona.
9 Yati indodana etile egama lingu-Yuti-
kusi ebihlala efenstileni, iwelwa 'butongo
obukulu, uxa u-Paulusi ebeteta kade, ya-
toba ngobutongo, yawa pantsi kweyesi-
tatu indawo yapezulu, yacolwa ifile. 10
Kodwa ehlile u-Paulusi, wawa pezu kwayo,
wayibamba ngento engqongayo, wati: Ni-
ngenzi ingxolo; ngokuba umpefumlo wayo
ukuyo. 11 Waza enyukile, eqezule isonka,
etyile, encokolile kade kwada kwati qip'
ukusa, wemka ngokunjalo ke. 12 Bati um-
fana bamzisa ehleli, bonwatyisiwe kakulu.
13 Kodwa tina sandulela saya ennqana-
weni, saselishela e-Asosi, apo besifuna u-
kumtabata u-Paulusi kona; ngokuba ebe-
zimisele njalo, etanda ngokwake ukuhamba
ngennyawo. 14 Naxeshekweni ebehlange-
ne nati e-Asosi, samtabata seza e-Mitilene.
15 Saselisha kona ke, saza ng*omhla*
olandelayo safikela malungana ne-Kiyo,
nangomnye *umhla* safika e-Samo; sati sili-
bele e-Tirogiliyone, seza ng*omhla* olande-
layo e-Milito. 16 Ngokuba u-Paulusi ebe-
gwebile ukuselisha ngokudhlula e-Efese,
ukuze angabi nakucita ixesha e-Asiya;
ngokuba ebenxama ukuti, ukuba bekuse-
nzeka kuye, abeko e-Yerusaleme ngomhla
wepentekoste.
17 Wati kekaloku e-Milito watuma e-
Efese, wabiza abadala beremente beze kuye.
18 Naxeshekweni babefikile kuye, wati
kubo: Niyazi kakulu nina, kutabata kowo-
kuqala umhla endafika ngawo e-Asiya,
ukuba ndati nina ukubako nani lonke elo-
xesha; 19 ndikonza INKOSI ndinako konke
ukutobeka kwenkliziyo, nennyembezi ezin-
ninzi, namalingwa, lawo ndehlelwa ngawo
ngengcebo zama-Juda: 20 okokuba andi-
bambanga 'mva nannye yezozinto ezilu-
ngele ukunceda, koko ndishumayele kuni,
ndanifundisa, ekuhleni nangezindhlu nge-
zindhlu, 21 ndinqìnisa nakuma-Juda na-
kuma-Girike, ngunquko olungakuye UTIXO,
nokolo olungakuyo INKOSI yetu u-Yesu
Krestu. 22 Nakaloku, bona ke, nditi ndi-
botshiwe emmoyeni *wami* ndiye e-Yerusa-
leme, ndingazi izinto eziya kundifikela
kona; 23 *ndisazi* kupela ukuba umoya o-
yingcwele kuzo zonke izixeko uyanqìnisa,
esiti izinxibo nembandezelo ziyandilinda.
24 Koko ndingakatali zezizinto nannye,
kanjako andibali ubomi bami ngokuba
bunqabile kumi, ukuze ndifeze uhambo
lwami ngovuyo, nobukonzi endabamkelayo
KWINKOSI u-Yesu, ukuba ndinqìnise iva-
ngeli yofefe LUKATIXO. 25 Nakaloku, bona
ke, ndiyazi ukuba nina nonke, endaha-
mbayo pakati kwenu ndishumayela ubu-
kumkani BUKATIXO, aniyi kubuya nibone
ubuso bami. 26 Ngako ndiyaninqìnela ku-
lemmini yanamhla, ukuba ndimsulwa kulo
igazi labo bonke: 27 ngokuba ndingaba-
mbanga 'mva *nanto*, ukuba ndibe ndingani-
shumayezanga lonke icebo LIKATIXO. 28
Zilumkeleni ngoko, kwa nawo wonke um-
hlambi enimisiweyo abalindi kuwo ngu-
moya oyingcwele, ukuba niyaluse iremente
KATIXO, ayizuzileyo ngelake igazi. 29 Ngo-
kuba ndikwazi oku mina, ukuba kwoti
emveni kwokumka kwami kungene in-
ncuka ezinzima pakati kwenu, zingayeki
umhlambi. 30 Nakuni ngokwenu kwo-
vuka amadoda eteta izinto ezigwenxa,
ukuze arole abadisipile baye emva kwawo.
31 Ngako oko lindani, nikumbule ukuba
iminyaka yamitatu, ebusuku nasemmini,
andapeza ukuyala bonke ngabanye ndi-
nennyembezi. 32 Nokwakaloku nje, baza-
lwana! ndiyanibekela KUTIXO nakwilizwi
lofefe lwake, konamandhla oku*n*aka, noku-
nipa ilifa pakati kwabo bonke abenziwe
'ngcwele. 33 Andinqwenelanga isilivere,
negolide, nesivato samntu. 34 Nani ngo-
kwenu niyazi ukuba izandhla ezi zikonzile
kuzo intswelo zami, nakubo abebenami.
35 Ndinibonisile zonke izinto, ukuba ni-
sebenza ngokunjalo nifanele ukubaxasa
abayimilwelwe, nokuwakumbula amazwi
ENKOSI u-Yesu, ukuba yena wati: Ukupa
kutamsanqelekile ngapezu kwokwamkela.
36 Waza akuba ebetshilo oku, waguqa
ngamadolo, watandaza kunye nabo bonke.
37 Kwasuka kwabako ukulila okukulu pa-
kati kwabo bonke; baza bawa pezu kwen-
tamo ka-Paulusi, bamanga, 38 bedanda-
tekile ngokukodwa pezu kwelozwi abeli-
tshilo ukuti, abayi kubuya babone ubuso
bake. Bampelekelela ke ennqanaweni.
21 Naxeshekweni bekute ukuba sahlu-
kana nabo sanduluka, sati ngqo uku-
selisha seza e-Kose, na*ngomhla* olandelayo
e-Rodo, sati sisuka kona *seza* e-Patara.
2 Saza sifumene innqanawa iwela ukuya
e-Fenisi, sangena sanduluka. 3 Kekaloku



University of Fort Hare

kwakubonakala i-Kiperusi, sayishiya nga-
sekohlo, saselishela e-Siriya, safikela em-
hlabeni e-Tire: ngokuba bekulapo innqa-
nawa ibiya kutula umtwalo wayo. 4 Sa-
za sakuba sibafumene abadisipile, salibala
kona intsuku zasixenxe; ababesiti ku-Pau-
lusi NGOMOYA, makanganyukeli e-Yerusa-
leme. 5 Sati okuya bekute ukuba sagqi-
bela ukufeza ezontsuku, semka sahamba,
besipelekelela bonke, kunye nabafazi naba-
ntwana, kude kwangapandhle kwesixeko;
saza saguqa ngamadolo elunxwemeni, sa-
tandaza. 6 Saza sakuba sibulisene, saya
saugena ennqanaweni; bati bona babuyela
emakayeni abo.

7 Sati ke tina siyigqibele intselisho *yetu*
sivela e-Tire, seza kufika e-Tolemayi;
saza sibabulisile abazalwana, sahlala kubo
umhla wamnye. 8 Nangomnye umhla u-
Paulusi nati babenaye semka seza e-Kesa-
reya, sangena endhlwini ka-Filipi umva-
ngeli, obengowabasixenxe, sahlala kuye. 9
Yena ke lo ebenentombi zazinne, zizinto-
mbi zipela, ezaziprofitesha. 10 Kekaloku
nxa sibe silibala *kona* imihla yamininzi,
kwehla e-Judeya umprofite otile ogama
lalingu-Agabusi; 11 weza ke kuti, wata-
bata umbinqo ka-Paulusi, wabopa ezake
izandhla nenyawo, wati: Utsho umoya
oyingcwele ukuti: Londoda umbinqo lo
ungowayo, ama-Juda aya kwenje njalo
ukuyibopa e-Yerusaleme, aeya kuyinikela
ezandhleni zabaheyideni. 12 Naxeshe-
kweni sevayo ezizinto, sambongoza tina,
kwa nabo balondawo, ukuba makanganyu-
keli e-Yerusaleme. 13 Kodwa u-Paulusi
wati ukupendula: Nenza nina nilila nida-
nisa inkliziyo yami? ngokuba mina sendi-
hlalele ukuba ndingabotshwa kodwa, koko
nokuba ndifele e-Yerusaleme, ngennxa
yegama LENKOSI u-Yesu. 14 Kekaloku nxa
ebengenakweyiswa, sayeka, sisiti: Inta-
ndo YENKOSI mayenziwe.

15 Sati emveni kwezontsuku sabopa im-
pahla yetu, senyukela e-Yerusaleme. 16
Kwaya *nabatile* bakubo abadisipile base-
Kesareya kunye nati, bezisa *umntu* otile,
u-Mnasone wase-Kiperusi, obekade engum-
disipile, ebesiya kuhlala kuye.

17 KEKALOKU sakufika e-Yerusaleme,
abadisipile basamkela ngovuyo. 18 Wati
ng*omhla* olandelayo wangena u-Paulusi
kunye nati ku-Yakobi; bebeko bonke aba-
dala nabo. 19 Waza akuba ebabulisile,
wabalisa ezozinto UTIXO ubezenzile pakati
kwabaheyideni ngobukonzi bake ezinnye
ngezinnye. 20 Bati bona bakuva, bayidu-
misa INKOSI; baza batsho kuye ukuti: Uya-
bona, mzalwana! ukuba mangapina ama-
waka ama-Juda akoliweyo; kanjako onke
ayazondelela umteto: 21 kekaloku atye-
lwe ngawe ukuba onke ama-Juda apakati
kwabaheyideni uyawafundisa ukupambuka
ku-Mosesi, usiti makangalusi abantwana
*bawo*, makangahambi ngamasiko kanjalo.
22 Kwotiwa uina ngoko? umhlambi ufa-
nele kunene ukuba ubutane; ngokuba beya
kuva ukuba ufikile. 23 Yenza ngoko oku
sikutsho kuwe: Kuko kuti amadoda amane
enesibambiso pezu kwawo; 24 wona la
watabate nawe, uzicokise kunye nawo,
uwenzelelele ekunikeleni, ukuze azigugule
inkloko; baze bonke bazi ukuba ezonto
batyelwe zona ngawe aziluto, koko *ukuba*
nawe ngokwako uyahamba ngokubamba
umteto. 25 Kodwa abaheyideni abakoli-
weyo sagweba sabàla ngabo ukuba banga-
yigcini into enjalo, kupela ukuba balu-
mkele okubingelwe izitixo, negazi, noku-
rwishiweyo, nombulo.

26 Wandula u-Paulusi wawatabata naye
amadoda lawo, wati ngomhla olandelayo,
akuba ezicokisile kunye nawo, wangena
etempileni, esazisa ukuzaliseka kwemihla
yokucokisa, kwada kwanikelwa umnikelo
ngennxa yawo amanye ngamanye.

27 Kekaloku xeshekweni leyomihla
isixenxe ibiza kupela, ati ama-Juda ase-
Asiya, akumbona etempileni, apitizelisa
sonke isihlwele, abeka izandhla pezu
kwake, 28 edanduluka *ngokuti:* Ma-
doda, bo-Sirayeli! ncedani. Nguye lo
umntu ofundisayo bonke kuzo zonke
indawo ngakubo abantu, nomteto, nale-
ndawo; ote nakanjako wangenisa nama-
Girike etempileni, encolisile lendawo e-
ngcwele. (29 Ngokuba ebesel' ebonile u-
Trofimo um-Efese esixekweni kunye naye,
abebeba u-Paulusi wamngenisa etempi-
leni.) 30 Saza savuselelwa isixeko
sonke, kwasuka kwabako imbutumbutu
yabantu; baza bambamba u-Paulusi, bam-
rolela pandhle kwetempile; zasezivalwa
ke ingcango.

31 Kekaloku nxa bebefuna ukumbulala,
zafika indaba kwinkosiwaka yebandhla,
zokuba i-Yerusaleme yonke ipitizele: 32
eyati kwa oko yatabata nayo amasodati
nenkosikulu, yehla yaya kubo ngokubaleka.



...ersity of Fort Hare

Bati bona bakubona inkosiwaka namasodati,
bayeka ukubeta u-Paulusi. 33 Yandula ya-
sondela inkosiwaka yambamba, yaxela uku-
ba anxitywe ngemixokolelwane emibini ;
yaza yabuza ukuba angaba ngubanina, no-
kuba yinto nina ayenzileyo. 34 Kodwa
abanye bebememeza ngento etile, nabanye
ngento yimbi, pakati kwesihlwele : yaza
yakukohlwa kuyazi innyaniso yendawo
ngennxa yesipitipiti, yaxela ukuba asiwe
elalini yamasodati. 35 Kwaza kwati,
xeshekweni wafika pezu kwezinyukelo,
watwalwa ngamasodati ngennxa yokunya-
nzela kwesihlwele : 36 ngokuba umhla-
mbi wabantu ubulandela, udanduluka
*ngokuti :* Msuse yena!

37 Waza u-Paulusi esakungeniswa ela-
lini yamasodati wati kwinkosiwaka : Ndi-
ngateta into kuwe kusinina ? Yati ke
yona : Uyakwazi ukuteta ngesi-Girike na ?
38 akunguye na kambe lowam-Jipete o-
wati ngapambili kwezintsuku wenza impi-
timpiti, wakokela ngasenklango lomadoda
amawaka mane abengabagwazi ? 39 Ko-
dwa wati u-Paulusi : Mina ndingumntu
ongum-Juda, um-Tarese, umhlali wesixeko
esingesesingenaludumo sase-Silisiya : ndi-
yakukunga ke, ndivumele ukuba nditete
kubo abantu. 40 Kekaloku yakuba imvu-
mele, u-Paulusi, emi pezu kwezinyukelo,
wakoba ngesandhla ebantwini. Kwati kwa-
kutwa cwaka kakulu, wateta *kubo* ngoku-
teta kwama-Hebere, esiti :

22 Madoda, bazalwana nobawo ! yivani
ukuzitetelela kwami *endikuteta* kuni
ngoku. (2 Babesiti ke bakuva ukuba uya-
teta kubo ngokuteta kwama-Hebere, bati
tu ngakumbi ; waza wati :) 3 Mina ke
ndiyindoda engum-Juda, ndizalelwe e-
Tarese yase-Silisiya, kodwa ndondhlelwe
kwisixeko esi ngasezinnyaweni zika-Gama-
liyeli, ndifundiswe ngesiko elizalisekileyo
lomteto wobawo betu, ndizondelela UTIXO,
njengokuba nina nonke ninjalo namhla :
4 endite lendhlela ndayitshutshisa kwada
kwasekufeni, ndinxiba ndinikela ezintolo-
ngweni namadoda namankazana ; 5 nje-
ngokuba nomperisite omkulu endinqìnela,
nayo yonke inklanganiso yabadala ; enda-
ndisamkela kubo nenncwadi *zibàle*lwe
abazalwana, ndahambela e-Damakusi, u-
kuya kuzisa nabo abebekona benxityiwe
e-Yerusaleme, ukuze babetwe. 6 Kwaye
kute, nxa ndibe ndihamba, ndisondela e-
Damakusi ngasemmini enkulu, kwati bo-
nge ngokwalama inkanyiso enkulu ivela
ezulwini indingqonga. 7 Ndaza ndawa
ngasemhlabeni, ndeva ilizwi lisiti kumi :
Saulusi, Saulusi ! uyanditshutshisela nina ?
8 Ndati ke mina ukupendula : Unguba-
nina, NKOSI ? Yaza yati kumi : Mina
ndingu-Yesu um-Nazarete, lowo umtshu-
tshisayo. 9 Kekaloku abo babenami ba-
yibona okunene inkanyiso, boyika ke ;
kodwa ilizwi lalowo ubeteta kumi abaliva.
10 Ndaza ndati : Ndiya kwenza 'nto nina,
NKOSI ? Yayisiti INKOSI kumi : Suka, uye
e-Damakusi ; wauya kutyelwa apo ngazo
zonke ezonto umiselwe ukuzenza. 11 Na-
xeshekweni bendingenakubona ngennxa
yobungcwalisa benkanyiso leyo, ndati ndi-
tundezwa ngesandhla ngabo ababeko nami,
ndeza e-Damakusi.

12 Waza u-Hananiya otile, indoda
ebedeshekileyo ngokwomteto, inqìnelwa
kakuhle ngawo onke ama-Juda abehlala
*kona*, 13 weza kumi, wema kufupi, wati
kumi : Mzalwana 'Saulusi ! yamkela uku-
bona kwako. Ndaza ndati kwa ngeloxe-
shana ndakangela ngakuye. 14 Waza
wati yena : UTIXO wobawo betu wamisela
wena pambili ukuyazi intando yake, no-
kumbona olungileyo, nokuliva ilizwi livela
emlonyeni wake : 15 ngokuba uya kuba
linqìna lake kubo bonke abantu, ngezo-
zinto uzibonileyo nozivileyo. 16 Nakaloku
ulibala nganina ? suka, ubapitizeshwe,
uhlanzwe ezonweni zako, ubiza egameni
LENKOSI.

17 Kwaza kwati, ndakuba ndibuye
ndeza e-Yerusaleme, nanxa benditandaza
etempileni, ndandikulo ipupara, 18 nda-
bona yona isiti kumi : Nxama, upume ka-
msinya e-Yerusaleme ; ngokuba bengayi
kwamkela ukunqìna kwako ngami. 19 Nda-
ti ke mina : NKOSI ! bayazi bona kakulu
ukuba ndibe ndibafaka entolongweni, nda-
batyabula kuzo zonke izindhlu zenklanga-
niso, abo babekolwa kuwe : 20 naxeshe-
kweni belipalazwa igazi lika-Stefane
inqìna lako, ndibe ndimi kona kwa nami,
ndatakazela ukubulawa kwake, ndazigcina
ingubo zabo ababembulala. 21 Yaza yati
kumi : Hamba ; ngokuba ndiya kukutuma
kude, ukuya kubaheyideni.

22 Kekaloku bebempulapula kwada
kwalelilizwi ; baza bapakamisa ilizwi labo,
besiti : Msuse emhlabeni onjalo ! ngokuba
kungafanelekile ukuba adhle ubomi. 23
Nxa ke bebedanduluka, belahla ingubo



University of Fort Hare

*zabo*, beposa utuli ngasesibakabakeni, 24
yaxela inkosiwaka ukuba angeniswe ela-
lini yamasodati, yati makaroronywe ngo-
kubetwa, ukuze iqonde ituba ababeme-
meza kangaka ngakuye ngennxa yalo.
25 Kodwa bakumolulela pambili ngen-
tambo, wati u-Paulusi kwinkosikulu
ebimi *kona:* Umntu ongum-Roma, onga-
gwetywanga kanjalo, nivunyelwa ukum-
beta kusinina? 26 Yati inkosikulu yakuva
*oko*, yaya yashumayela kwinkosiwaka, isiti:
Lumka into uza kuyenza; ngokuba umntu
lo ongum-Roma. 27 Yasuka yeza inkosi-
waka yati kuye: Ndixelele, ungum-Roma
kusinina? Wati yena: Ewe. 28 Yaza
yati inkosiwaka ukupendula: Mina ubuzwe
obu ndabuzuza ngenani elikulu *lemali.*
Wati u-Paulusi: Kodwa mina ndizelwe
ndikwa *nabo.* 29 Kwandula kwa oko
kwesuka kuye abo babeza kumroronya.
Kanjako inkosiwaka nayo yoyika, yaku-
qonda ukuba ungum-Roma, nangokuba
ibimnxibile.
30 Yati ngomnye umhla, ifuna ukuyazi
inyaniso yendawo, ukuba uyanikwa ityala
ngama-Juda nganina, yamkulula izinxibo,
yaxela ukuba mabeze abaperisite abakulu
nayo yonke inklanganiso yamapakati yawo;
yaza imhlisile u-Paulusi yammisa pakati
kwabo.

23 Waza u-Paulusi, ete nama amehlo en-
klanganisweni, wati: Madoda, baza-
lwana! mina ukuzipata kwami ndikwenzile
pambi KWOTIXO ngako konke ukuzazela oku-
lungileyo kwada kwayiyo lemmini. 2 Waza
umperisite omkulu, u-Hananiya, wabayale-
la abo babemi kufupi kuye ukuba bambete
emlonyeni. 3 Wandula u-Paulusi wati
kuye: UTIXO uza kubeta wena, ludonga
oluqatyiweyo ngobumhlope! uti wena
uhlalo na undigweba ngokwomteto, uze
ugqita emtetweni uxele ukuba ndibetwe?
4 Baza abo babemi kufupi bati: Umperi-
site omkulu KATIXO uyamtuka na? 5
Wayesiti u-Paulusi: Bendingazi, baza-
lwana! ukuba ungumperisite omkulu;
ngokuba kubàliwe *ukuti:* Umpati wabantu
bako akuyi kuteta kakubi ngaye.
6 Kodwa akunakana u-Paulusi ukuba
esinye isahlulo sisesabasadusi, nesinye
sesabafarisi, wadanduluka enklangani-
sweni, *esiti:* Madoda, bazalwana! mina
ndingumfarisi, unyana womfarisi; ku-
ngennxa yetemba novuko lwabafileyo
ondimenywayo. 7 Kwati kwakuba etshilo
oku, kwesuka ungxolisano pakati kwa-
bafarisi nabasadusi, waza wahluleka
umhlambi. 8 Ngokuba abasadusi besiti
akuko 'luvuko, akuko kwa nengelosi
nomoya; kodwa abafarisi bayavuma ezonto
zombini. 9 Kwaza kwabako ingxolo en-
kulu; bati ababàli besahlulo sabafarisi
besuka, bapika, besiti: Asifumani 'nto
ekohlakeleyo kulomntu; kodwa ukuba
kutetwe umoya kuye, umhlaumbi ingelosi,
masingalwi NOTIXO. 10 Kwati kwakubako
ungxolisano olukulu, inkosiwaka isoyika
ukuba ngabi u-Paulusi woqwengwa ngabo,
yaxela ukuba umkosi uhle umhlasele kwa
pakati kwabo, umngenise elalini yama-
sodati.
11 Kekaloku ngobusuku obulandelayo
yema INKOSI ngakuye, yati: Yomelela,
Paulusi! ngokuba, njengokuba uzinqìnisile
izinto ezingami e-Yerusaleme, kwa njalo
ufanele ukunqìna nase-Roma.
12 Kwati kwakuba kusile, abatile
bakuma-Juda benza ucebelano, baziba-
mbisa ngesiqalekiso, besiti abayi kutya,
abayi kusela kanjalo, bade babulale
u-Paulusi. 13 Babe ke bengapezu kwa-
mashumi mane abo babeyenzile lembambi-
sano; 14 abezayo kubaperisite abakulu
nakubadala, bati: Sizibambisile ngesiqale-
kiso esikulu, ukuba asiyi kuva 'nto side
sibulale u-Paulusi. 15 Ngako kaloku nina,
kunye nenklanganiso yamapakati, bike-
lani inkosiwaka okokuba imhlisele kuni
ngomso, ngokungati niza kuzigongxa ngo-
kukolisa ngakumbi izinto ezingaye; nati
ke, engekezi kufupi yena, silungile ukuba
simbulale.
16 Kodwa akuva unyana wodade bo
Paulusi ukulalela *kwabo*, waya kona wa
ngena elalini yamasodati, washumayeza
u-Paulusi. 17 Waza u-Paulusi wabiza
ennye yazo inkosikulu, wati: Yisa indo-
dana le kwinkosiwaka; ngokuba inento
etile ukuyishumayela kuyo. 18 Kwa njalo
ke yayitabata nayo yayisa kwinkosiwaka,
yati: Umbanjwa u-Paulusi wandibiza, wa-
tandaza ukuba lendodana ndiyise kuwe,
inento etile ukuyiteta kuwe. 19 Yaza
inkosiwaka yayibamba ngesandhla, yaya
*nayo* ecaleni ngasese, yabuza ngokuti:
Yinto nina onayo ukuyishumayela kumi?
20 Yati ke: Ama-Juda avumelene ukucela
kuwe, okokuba u-Paulusi umhlisele enkla-
nganisweni yamapakati ngomso, ngoku-
ngati aza kubuza into ngaye ngokukolisa



University of Fort Hare

ngakumbi. 21 Wena ngoko ungateleli
kuwo: ngokuba kulalela yena kuwo, ama-
doda angapezu kwamashumi mane, azi-
bambisileyo ngesiqalekiso ukuba akayi
kutya, akayi kusela kanjalo, ade ambulale
u-Paulusi: nakaloku alungile, elinda isi-
tembiso kuwe. 22 Yandula inkosiwaka
yayindulula indodana leyo, *iyi*yalele *ngo-
kuti:* Ungatyeli 'mntu ukuba ezizinto uzi-
bikile kumi.

23 Yaza yabiza inkosikulu ezitile za-
mbini, yati: Lungisani amasodati abe
'makulu mabini, ukuze ahambe ukuya
e-Kesareya, nabakweli bamahashe babe
'mashumi asixenxe, nabapete intshuntshe
babe 'makulu mabini, kweyesitatu iyure
yobusuku; 24 nize ni*ba*bekele amahashe,
ukuze bamkwelise u-Paulusi pezu *kwawo*,
bamzise egcinekile ku-Felitse inkosi. 25
Yabàla innewadi inokukutsho:

26 U-Kilodiyusi Lisiyasi kuyo inkosi
edumileyo kakulu u-Felitse, ebulisa. 27
Lendoda ibanjiwe ngama-Juda nje, iza
kubulawa ngawo kanjalo, nda*wa*baqa nom-
kosi, ndayihlangula, ndiqondile ukuba
ingum-Roma. 28 Ndati ndifuna ukulazi
ituba abeyinika ityala ngennxa yalo,
ndayihlisela enklanganisweni yamapakati
yawo: 29 endayifumana inikwa ityala
ngayo imibuzo yomteto wawo, kodwa
ingabekelwa ityala lanto efanele ukufa
nezinxibo. 30 Kwati kwakuxelwa kumi
ukuba bekusenziwa ingcebo ngakuyo
lendoda ngama-Juda, ndasuka ndatuma
kuwe, ndiyalele nabamnika ityala ukuba
batete izinto *abanazo* ngakuye pambi
kwako. Hlala kuhle.

31 Kwa njalo ke amasodati, njengoko
kuwamiselweyo, amtabata u-Paulusi, amsa
ngobusuku e-Antipatrisi. 32 Ati ngomnye
umhla, ebashiyele abakweli bamahashe
ukuhamba naye, abuyela elalini yamaso-
dati. 33 Bati abo bakufika e-Kesareya,
banikela innewadi kwinkosi, babeka no-
Paulusi pambi kwayo. 34 Yaza inkosi
yakuba ileseshile *innewadi leyo*, yabuza
ukuba ungowelipina ilizwana. Yandula
yakuqonda ukuba ungowase-Silisiya, 35
yati: Ndokolisa ukukuva, okuya bafiki-
leyo nabakunika ityala. Yaza yaxela
ukuba agcinwe endhlwini yobukosi ka-
Herodi.

24 KEKALOKU emveni kwemihla emi-
hlanu, kwehla umperisite omkulu
u-Hananiya kunye nabadala nomteteleli
otile u-Tetulusi, abati bona bamangala
kwinkosi ngakuye u-Paulusi. 2 Wati
akubizwa, waqala u-Tetulusi ukumnika
ityala, esiti: Ukuba sizuza uxolo olukulu
ngawe, nokuba izenzo ezincedayo kakuhle
zisenzelwa uhlanga olu ngokwazalelela
kwako, 3 ngamaxesha onke, nakuzo zonke
indawo, siyakwamkela ngembuko, Felitse
odumileyo kakulu! sinokubulela konke.
4 Kodwa ukuze ndingenzi kade ukuku-
tintela, ndiyakubongoza ukuba usivo
ngokufutshane ngabo ububele bako. 5
Ngokuba sifumene indoda le ing*umfo*
olinginingini, novuselela impitimpiti pa-
kati kwawo onke ama-Juda akulo lonke
ilizwe, nomkokeli omkulu wolwahlukano
lwaba-Nazarete: 6 ote kanjako walinga
ukuyincolisa itempile; esati tina sam-
bamba, safuna ukumgweba ngokwowetu
umteto. 7 Kodwa u-Lisiyasi inkosiwaka
wa*si*zuma, wa*m*susa ezandhleni zetu nga-
mandhla amakulu, 8 eyalela abamnika
ityala ukuba beze pambi kwako: ongati
wena ngokwako uqonde kuye ngoku*m*buza
zonke ezizinto esimnika ityala ngazo. 9
Avuma ke nama-Juda, esitsho ukuti ezi-
zinto ziba njalo.

10 Waza wati u-Paulusi ukupendula,
nxa inkosi ibikobile kuye ukuba atete:
Ndisazi kakulu nje ukuba kuminyaka
mininzi ungumgwebi kuhlanga olu, ndi-
yazipendulela ngokucwayita ngakumbi:
11 ngokuba ungaba nokuqonda ukuba
intsuku zami azipezu kwezilishumi li-
nambini, kuseloko ndenyukayo ukuya ku-
bedesha e-Yerusaleme. 12 Abandifumana
ke nakuyo itempile ndipikisana nomntu,
umhlaumbi ndisenza imvukelano yesi-
hlwele, nakuzo izindhlu zenklanganiso,
nasesixekweni: 13 kanjako abangevelise
izizatu ngezozinto abandinika ityala ngazo
ngoku. 14 Kodwa oku ndiyakuxela kuwe,
ukuba ngokwendhlela abati bona lulwahlu-
kano, kwa ngokunjalo ndiyamkonza UTIXO
wobawo bami, ndikolwa zizinto zonke
ezibàliweyo emtetweni nakubaprofite; 15
ndinetemba ngakuye UTIXO, abati naba
ngokwabo balivumele, lokuba kuya ku-
bako ukuvuka kwabafileyo, kwa nokwa-
balungileyo nokwabangalungileyo. 16
Nangako oku ndiyaziqelisa, ukuba ndibe
nokuzazela okungenetyala lanto ngakuye
UTIXO na*ngakubo* abantu ngamaxa onke.
17 Kekaloku emveni kweminyaka emi-



University of Fort Hare

ninzi, ndafika ukuba ndizise amalizo ku-
hlanga lwami, nokuba *ndinikele* iminikelo:
18 abati pakati kwezizinto bandifumana
ndicokisiwe etempileni, kungeko 'sihlwele,
kungeko nesipitipiti, *bebengengabo aba*, be-
bengama-Juda atile ase-Asiya. 19 afanele
ukubako *apa* pambi kwako, noku*ndi*nika
ityala, ukuba anendawo ngakumi. 20
Okanye aba ngokwabo mabatsho, ukuba
bafumana ukwenza okungalungileyo kumi,
uxa bendimi pambi kwenklanganiso yama-
pakati, 21 ngapandhle kwokungalo elilizwi
linye, endalibizayo ndimi pakati kwabo:
Kungennxa yovuko lwabafileyo endime-
nywayo nini namhla nje.

22 Waza u-Felitse akuva oku, ezazi
izinto ezingayo indhlela leyo ngokukolisa
ngakumbi, wabalibazisa, wati: Okuya u-
Lisiyasi inkosiwaka ahlele *apa*, ndiya ku-
ncamisa ukubuza indawo ezipakati kwenu.
23 Kanjako wayalela inkosikulu ukuba
kugcinwe u-Paulusi, abe nokukululeka
kodwa, nokuba ingaleli namnye wabake
uku*m*konza nokuza kuye.

24 Nasemveni kwemihla etile, akufika
u-Felitse kunye no-Drusila umfazi wake,
obengum-Judakazi, wammemela kuye u-
Paulusi, wamva ngalo ukolo olunga-
kunye u-Krestu. 25 Naxeshekweni ebe-
teta ngabo ubulungisa, nobuncatu, noku-
gwetywa okuza kubako, wanokwoyika
u-Felitse, wati ukupendula: Hamba okwa-
kaloku nje; uxa ke ixesha elifanelekileyo
ndilizuzileyo, ndokubiza uze kumi. 26
Ebetemba kanjako kunye noko, ukuba uva
kupiwa imali ngu-Paulusi, ukuze amku-
lule: ngako ebemmemela kuye kwa futi
ngakumbi, wancokola naye. 27 Kodwa
kwakuzaliseka iminyaka yamibini, wala-
ndelwa u-Felitse ebukosini ngu-Porokiyo
Festusi: waza u-Felitse, efuna ukuzizu-
zela imibulelo yama-Juda, wamshiya
u-Paulusi enxityiwe.

25 WANDULA u-Festusi akuba engene
ezwaneni *lake*, wati emveni kwemihla
mitatu wenyuka e-Kesareya waya e-Yeru-
saleme. 2 Kwaza kwamangala kuye um-
perisite omkulu nabakulu bakuma-Juda
ngaku-Paulusi, bambongoza, 3 becela into
yofefe ngakuye, yokokuba ammemele
e-Yerusaleme, besenza isilalelo endhle-
leni ukumbulala. 4 Kuloko wapendula
u-Festusi, ukuba u-Paulusi usekugcinweni
e-Kesareya, nokuba yena ngokwake uza
kumka kamsinya ukuya *kona*. 5 Mabati
ngoko abanamandhla pakati kwenu, watsho
ke, behlele *kona* kunye na*mi*, bayinike itya-
la indoda le, ukuba kuko into *esisono* kuyo.

6 Kekaloku akuba ebehleli pakati kwabo
imihla engepezu kweshumi, wehla waya
e-Kesareya; waza ngomnye umhla, ehleli
pantsi esihlalweni sokugweba, waxela
ukuba u-Paulusi aziswe. 7 Wati akufika,
ema ama-Juda abehlile e-Yerusaleme ngo-
kuti ngqonga, ebeka amatyala amaninzi
anzima ngakuye u-Paulusi, abekohlwa
ukuwaqinisa ngezizatu; 8 esiti yena uku-
zipendulela: Nangakuwo umteto wama-
Juda, nangakuyo itempile, nangakuye
u-Kesare, andonanga nento. 9 Kodwa
u-Festusi, efuna ukuzizuzela imbuko
yama-Juda, wapendula u-Paulusi, wati:
Uyavuma na ukunyukela e-Yerusaleme,
ukuba ubuzwe kona ngezizinto pambi
kwami? 10 Waza wati u-Paulusi: Ndimi
ngasesihlalweni sokugweba sika-Kesare,
apo ndifanele ukubuzwa kona: ama-Juda
andiwenzelanga 'nto, njengokuba usazi
nawe kunene. 11 Ngokuba mina ukuba
ndiyenza ngokungalungileyo, nokuba nde-
nze into efanele ukufa, andizilanduleli
ukuba ndingafi: kodwa ukuba akuko nan-
nye yezozinto aba bandinika ityala ngazo,
akuko 'mntu ongandinikelayo kubo. Ndi-
yamangala ku-Kesare. 12 Wandula u-
Festusi, akuba ebetetene namapakati *ake*,
wapendula, *esiti:* Umangele ku-Kesare
na? uya kuya kwa ku-Kesare.

13 Kekaloku kwakuba kudhlulile imihla
etile, ukumkani u-Agiripa no-Berenike ba-
fika e-Kesareya ukuza kubulisa u-Festusi.
14 Naxeshekweni bebelibele kona imihla
yamininzi, u-Festusi wambalisela uku-
mkani indawo zika-Paulusi, esiti: Kuko
indoda etile eshiyiwe ngu-Felitse ingumba-
njwa: 15 abati abaperisite abakulu naba-
dala bama-Juda, uxa ndandise-Yerusaleme,
bamangala ngayo, becela umgwebo nga-
kuyo: 16 endati kubo ukupendula: Asi
lisiko kuma-Roma ukunikela umntu eku-
bubeni, engekati lowo unikwa ityala abe
nokubonana nabo bamnikayo ityala, aze
azuze ituba lokuzitetelela ngento abekelwa
ityala ngayo. 17 Ngako bakuba bebe-
butele apa, ndingenzanga 'kulibala ke,
ndati ngo*mhla* olandelayo ndahlala esihla-
lweni sokugweba, ndaxela ukuba iziswe
indoda leyo: 18 abati abaniki betyala ba-
kuma, abavelisa ngakuye nalinye ityala



University of Fort Hare

ngezozinto endibe ndizizindhlela mina;
19 kodwa bebenemibuzo etile ngakuye
ngalo ubedesho lwakowabo, nangaye otile
u-Yesu obefile, abesitsho u-Paulusi ukuti
uhleli. 20 Ndati kekaloku mina ndita-
ndabuzela umbuzo ngako oku, ndabuza
*kuye* ukuba ebenga angaya e-Yerusaleme
na, abuzwe kona ngezindawo. 21 Kodwa
akumangala u-Paulusi ukuba agcinelwe
ukugweba kuka-Auguste, ndaxela ukuba
agcinwe ndide ndimtume ku-Kesare. 22
Waza u-Agiripa wati ku-Festusi: Bendi-
nganga nami ndingamva umntu lowo ngo-
kwami. Wati yena: Ngomso uya kumva.
23 Kwandula kwati ngomnye umhla,
nxa afikileyo u-Agiripa no-Berenike
ngenkazimlo enkulu, nanxa bangenileyo
endhlwini yokupulapulela, kunye nenkosi-
waka namadoda amakulu asesixekweni,
kwaziswa u-Paulusi ngokuxela kuka-
Festusi. 24 Waza wati u-Festusi: Ku-
mkani 'Agiripa, nani nonke 'madoda akoyo
nati! niyabona *lomntu*, ote wonke umhla-
mbi wama-Juda wanditandaza ngaye, nase-
Yerusaleme nalapa, edanduluka ukuti ange
engabi esadhla ubomi. 25 Kodwa nda-
kuqiqa mina ukuba akenzenga 'nto efanele
ukufa, naye yena ngokwake kanjalo ema-
ngele ku-Kesare nje, ndagweba ukuba
ndiya kumtuma: 26 endingenandawo eqi-
nileyo ukuyibàla ngaye enkosini *yami*.
Ngako ndimvelisele pambi kwenu, nango-
kukodwa pambi kwako, Kumkani 'Agiripa!
ukuze nditi, nxa kwenziwe ukubuza *oku*,
ndibe nento ukuyibàla. 27 Ngokuba kumi
kunga kuyinto engafanelekileyo, ukuba
kutunywe umbanjwa, kungaziswa nama-
tyala *amiswayo* ngakuye.

26 Waza u-Agiripa wati ku-Paulusi:
Uvunyelwa ukuba uzitetele. Wa-
ndula u-Paulusi wolula isandhla, wazi-
pendulela, *esiti*:
2 Ndiba ndinetamsanqa, kumkani 'Agi-
ripa! ukuba ndiya kuzipendulela pambi
kwako namhla, ngenuxa yezinto zonke
endinikwa ityala ngazo ngama-Juda: 3
ngokukodwa, ukuba usazana nawo onke
amasiko namabuzo apakati kwama-Juda:
ngako ndiyakukunga ukuba undive ngoku-
nyamezela. 4 Kekaloku ukuhlala kwami
kutsbata ebutsheni *bami*, okwabako kwa
sekuqaleni pakati kwohlanga lwami e-
Yerusaleme, ayakwazi onke ama-Juda;
5 abenokundazi ngapambili kanye, ukuba
ebevuma ukunqìna, okokuba ngokwohlobo
lwembedesho yetu oluzalisekileyo kuzo zo-
nke ndahlala ndingumfarisi. 6 Nakaloku
ndimi ndibuzwa pezu kwetemba lesibambi-
so esenzelwa obawo NGUTIXO; 7 eziti izizwe
zetu ezilishumi linazibini, zikonza *u-Tixo*
ngokunyameka emmini nasebusuku, zi-
tembele ukusizuza: enditi ngenuxa yelo-
temba, kumkani 'Agiripa! ndinikwe ityala
ngama-Juda. 8 Yinina? kutwa na nini
ukuti yinto ekungekolwe yiyo, ukuba
UTIXO uyavusa abafileyo? 9 Kwa njalo
ke mina ngokwami ndaba ndinge ndisenza
izinto ezininzi ezicasene negama lika-Yesu
wase-Nazarete: 10 endite oko kanjako
ndakwenza e-Yerusaleme; ewe abaninzi
bakubo abangcwele ndabavalela ezinto-
longweni, ndilamkele igunya kubaperisite
abakulu; naxeshekweni bebebulawa, nda-
nika ilizwi lami ngakubo. 11 Nakuzo
zonke izindhlu zenklanganiso, ndibabeta
futi nje, ndibe ndi*ba*nyanzela ukugxeka;
kanjalo ndibababamela kakulukazi ke, ndi-
be ndi*ba*tshutshisa kwada kwakuzo nezixeko
ezingapandhle. 12 Endandite pakati kwe-
zizinto, nxa bendihambela e-Damakusi ndi-
negunya nomyalezo kubo abaperisite aba-
kulu, 13 emmini enkulu, kumkani! nda-
bona endhleleni inkanyiso ivela ezulwini,
ngapezu kwokukazimla kwelanga, ikanya
ngakumi nangakubo abebehamba nami
ngokuti ngqonga. 14 Kekaloku sakuba
siwile pantsi sonke emhlabeni, ndeva ilizwi
liteta kumi lisiti nokuti ngokuteta kwama-
Hebere: Saulusi, Saulusi! uyanditshu-
tshisela nina? kunzima kuwe ukukaba
ngasezihlabeni. 15 Ndaza ndati mina:
Ungubanina, NKOSI? Yayisiti yona: Mina
ndingu-Yesu, lowo umtshutshisayo. 16
Kodwa suka, ume ngenuyawo zako: ngo-
kuba ndibonakalele oku kuwe, ukuba ndi-
kumisele ube ngumkonzi nenqìna, nangezo-
zinto uzibonileyo, nangezo endiya kubona-
kala kuwe kuzo; 17 ndikuhlangula eba-
ntwini nasebaheyidenini, endikutuma kubo
kaloku; 18 ukuba uvule amehlo abo, ukuze
baguquke ebumnyameni bangene ekuka-
nyeni, nasemandhleni ka-Satane beze KU-
TIXO, ukuze bamkele ukuxolelwa kwezono,
nelifa pakati kwabenziwe ngcwele, ngalo
ukolo olungakumi. 19 Kukona, kumkani
'Agiripa! ndandingenakungeva esosibona-
kaliso sasezulwini; 20 koko ndandishu-
mayela kubo abase-Damakusi kuqala, nase-
Yerusaleme, napakati kwalo lonke ilizwe
lo-Judeya, nakubaheyideni, ukuba bagqo-



University of Fort Hare

boke, baguqukele KUTIXO, besenza imise-
benzi eyelelana nogqoboko. 21 Abesiti
ama-Juda ngennxa yezizinto, endibambile
etempileni, alinga uku*ndi*bulala. 22 Ngako
ndizuzile usizo KUTIXO nje, ndisemi kwada
kwayimmini le, ndinqina nakuye omnci-
nane nakuye omkulu, ndingateti nannye
into ngapandhle kwezo ababete nabapro-
fite no-Mosesi ziya kubako; 23 ukuba
u-Krestu ufanele ukuva inklungu, ukuba
woba ngowokuqala kwabavuka kubafileyo,
ashumayele ukanyiso kubo abantu nakubo
abaheyideni.

24 Kekaloku nxa abezipendulela njalo,
wati u-Festusi ngelizwi elikulu: Uyageza,
Paulusi! ufundo oluninzi luyakugezisa.
25 Kodwa yena wati: Andigezi, Festusi
odumileyo kakulu! koko ndiwapimisela
amazwi ennyaniso nawentelekelelo: 26
ngokuba ukumkani esazi kakulu ngazo ezi-
zinto, enditeta kuye kanjalo ngokukalipa;
ngokuba ndinokukolwa kukuba akafihlelwa
nannye yezizinto; ngokuba oku kungenzi-
wanga egumbini. 27 Uyakolwa ngaba-
profite na, kumkani 'Agiripa? Ndiyazi
ukuba uyakolwa *ngabo.* 28 Waza u-
Agiripa wati ku-Paulusi: Upantsi kundi-
cenga ukuba ndibe ngum-Krestu. 29 Wati
u-Paulusi: Ngendinqwena KUTIXO, ukuba,
nangokupantsi nangokukanye, kungabi
nguwe wedwa, kube ngabo bonke abandi-
vayo namhla, babe benjalo njengokuba
ndinjalo nami, kupela izinxibo ezi zinga-
biko.

30 Kwati kwakuba ekutshilo oku, we-
suka ukumkani, nenkosi, no-Berenike,
nababehleli nabo. 31 Baza bakuba beye
ecaleni, bateta omnye kwomnye, besiti:
Lomntu akenzi 'nto efanele ukufa nezi-
nxibo. 32 Waza u-Agiripa wati ku-Festusi:
Lomntu ange ekululwe, ukuba ebenga-
mangalanga ku-Kesare.

27 KEKALOKU xeshekweni bekugwe-
tyiwe ukuba soselishela e-Yitaliya,
kwanikelwa u-Paulusi, nabanye ababanjwa
abatile, kwinkosikulu yasebandhleni lika-
Auguste, ogama lalingu-Juliyusi. 2 Sati
singene ennqanaweni yase-Adramitiyume,
sifuna ukuselisha ngokwayama indawo
zase-Asiya, sanduluka, u-Aristariko, um-
Masedoniya wase-Tesalonika, enati. 3
Nangomnye *umhla* safikela emhlabeni
e-Tsidone. Waza u-Juliyusi wampata u-
Paulusi ngobubele, wamvumela ukuba aye
kubahlobo, ongiwe ngabo. 4 Sindulukile
nakona, saselisha ngapantsi kwe-Kiperusi,
ngennxa yokuba ummoya ubuvela pambili.
5 Sati sakuba sicandile ulwandhle olwa-
yama i-Silisiya ne-Pamfiliya ngokuselisha,
seza kufika e-Mira, *isixeko* sase-Lisiya.

6 Yaza inkosikulu, ifumene kona in-
nqanawa yase-Aletsandriya iselishela e-
Yitaliya, yasingenisa kwa kuyo. 7 Sati
sakuba sibe sihamba kuhle ukuselisha
imihla yamininzi, cebetshu sikohliwe kuku-
fika malungana ne-Kenido, ummoya unga-
sivumela nje, saselisha ngapantsi kwe-
Kirete malungana ne-Salimoni; 8 saza
sati, cebetshu sikohlwa kukuselisha ku-
fupi kuyo, safika endaweni etile e-kutwa
Licwebalihle, apo sibe sikufupi kona
isixeko se-Laseya.

9 Kekaloku nxa ixesha elikulu belidhlu-
lile, nanxa ukuselisha kube kuse kunen-
gozi, ngennxa yokuba inzilo ibisel' igqi-
tile, u-Paulusi wa*ba*yala, 10 esiti kubo:
Madoda! ndiyabona ukuba lentselisho iya
kuba nesenzakalo nesilahleko esikulu, si-
ngesesomtwalo nesennqanawa kodwa, sise-
sobomi betu kanjako. 11 Kodwa inkosi-
kulu ibikolwa ngumkokeli wennqanawa
nangumniniyo, ngapezu kwokuba *ibikolwa*
zizinto ezibe zitetwa ngu-Paulusi. 12
Kanjako icweba elo lingalungile nje
ukuhlala kwalo ukuba kwenziwe ubusika
*apo*, abaninzi kubo banika icebo lokuba
kundulukwe nakona, ukuba kungati ba-
ngafikela e-Fenitse, benze ubusika *apo*,
elicweba libeka ngasesuyidentshonalanga
nangasenodentshonalanga.

13 Kwati kwakuvutela kakuhle ummoya
wasesuyide, besiba bazuzile into babeyi-
funa, besuka, bati nama ukuselisha kufupi
e-Kirete. 14 Kodwa kungekade kamva
waquta usihla kuyo ummoya oluqwitela,
obizwayo ngokuti yi-Yurokilidone. 15
Kekaloku yakubanjwa innqanawa, ikohlwa
kumelana nommoya kanjalo, sancama, sa-
qùtywa. 16 Saza sibalekile ngapantsi
kwesiqiti esitile esi-kutwa yi-Kiloda, cebe-
tshu sawoyisa umkonjana ukuwugcina:
17 abati bakuba bewufunqulile, benza
ngezincedo, bejikelisa ennqanaweni nga-
pantsi; baza besoyika ukuba ngabi baya
kuwa pezu kwenklabati, bahlisa imiti
yeseli, baqùtywa kunjalo. 18 Nxa ke sibe
sijingajingiswa kakulu luqwitela, ngo*mhla*
olandelayo benza ukulahlwa: 19 nango-
wesitatu *umhla* saposa pandhle ngezetu



University of Fort Hare

izandhla impahla yennqanawa. 20 Kwati
kungabonakali nelanga nenkwenkwezi
ngemihla emininzi, uqwitela olungenci-
nane lusibandezela kanjako, kwada kwa-
suswa kanye lonke itemba lokuba so-
sindiswa.

21 Kekaloku emveni kwokuba beku-
zilwa kade ukutya, wandula wema u-
Paulusi pakati kwabo, wati: Madoda!
nibe nifanele ukuba napulapula kumi,
ningandulukanga e-Kirete, naza nasinda
esisenzakalo nesilahleko. 22 Nokwaka-
loku nje ndiyaniyala ukuba nibe nokuewa-
yita: ngokuba kungayi kuba 'kulahlwa
kwobomi bomnye *umntu* kuni, kwoba ko-
kwennqanawa kupela. 23 Ngokuba be-
kumi ngakumi ngobubusuku ingelosi
KATIXO, lowo endingowake, nendimkonza-
yo, 24 isiti: Ungoyiki, Paulusi! ufanele
ukuma pambi kwo-Kesare; kanjalo bona
ke, UTIXO ukupile bonke abaselisha nawe.
25 Ngako, madoda! yibani nokuewayita;
ngokuba ndikolwa NGUTIXO, ukuba kwoba
njalo kwa njengokuba kutetiwe kumi.
26 Kodwa sifanele ukuwa pezu kwesiqiti
esitile.

27 Kekaloku kwakufika ubusuku be-
shumi elinesine, nxa sibe siqùtywaqùtywa
elulwandhleni lwe-Adiriya, ngapakati kwo-
busuku obo babezindhla omatrose ukuba
bayasondela emhlabeni otile. 28 Baza be-
posile ilode, bafumana ukuba ifatome zi-
mashumi mabini: bati bakuba begqitile
umganyana, beposile ilode nakanjako, ba-
fumana ukuba ifatome zilishumi lina-
nklanu. 29 Bandula besoyika ukuba
kungati siya kuwa ematyeni, baposa iya-
nkore zazinne ngasemva, banqwena ukuba
kusile.

30 Kekaloku nxa omatrose bebefuna
ukubaleka ennqanaweni, nanxa umkonjana
bebewuhlisele elwandhle, ezenzisa ukuti
baya kuwisa iyankore ngapambili, 31 wati
u-Paulusi kwinkosikulu nakumasodati:
Xeshekweni aba bangahlali ennqanaweni,
aningesindiswe nina. 32 Andula amaso-
dati azinqamla intambo zomkonjana, awu-
yeka uwe.

33 Kwati kwakuba kube kusaza
kusa, u-Paulusi wabayala bonke ukuba
mabakwamkele ukutya, esiti: Namhla
ngumhla weshumi elinesine nilinda, ni-
mana nizila ukutya, ningatabatanga luto.
34 Ndiyaniyala ngoko ukuba manitabate
ukutya; ngokuba oku kuyelela ukulondo-
lozwa kwenu; ngokuba kungayi kuwa
nalunye unwele enkloko yamntu wakuni.
35 Wati akuba etshilo, watabata isonka,
wabulela KUTIXO ebusweni babo bonke;
waza waqezula, waqala ukutya. 36 Baba
bonke ke becwayitile, batabata ukutya
nabo. 37 Saye siyimipefumlo emakulu
mabini anamashumi asixenxe anamitandatu
ennqanaweni inani letu sonke. 38 Bati
bakuhlutiswa kukutya, bayenza lula innqa-
nawa, beyilahlela elwandhle innqolowa.

39 Kekaloku okuya bekusile, babenga-
wazi umhlaba; kodwa babenakana icwe-
tyana elitile linalo unxweme, abanxamela
ukuti, ukuba kungenzeka, bayityàlele kulo
innqanawa. 40 Bati bezipunyule iyankore,
baziyekela elwandhle, bezitukulule imbo-
pelelo zemiti yokukapa kanjako; baza
bapakamisa iseli enkulu ngasemmoyeni,
basingisa elunxwemeni. 41 Kodwa be-
wele endaweni apo kuhlanganayo ilwa-
ndhle zimbini, bayinyanzelela kona innqa-
nawa; waza umpambili wati nqi, wahlala
ungenakushukuma, kodwa umva ubuqe-
kezwa ngamandhla amaza. 42 Laye lili-
cebo lamasodati ukuba abafise ababanjwa,
ukuze kungabiko 'mntu ongasabayo ngo-
kuhlamba. 43 Kodwa inkosikulu ifuna
ukunga ingamlondoloza u-Paulusi, yawa-
nqanda eqingeni *lawo*, yaxela ukuba abo
bakwaziyo ukuhlamba baziwise tanci, ba-
pumele emhlabeni; 44 nokuba abanye *baye*
innxennye pezu kwazo iplanke, nennxen-
nye pezu kwezinto ezitile zivela ennqana-
weni. Kwaza kwati ngokunjalo, bafika
bonke emhlabeni besindile.

28 Bati bakuba besindile, bandula ba-
qonda ukuba isiqiti sibizwa nge-
Melita. 2 Baza abemi bakona basenzela
ububele obungenziwa futi: ngokuba be-
pembile umlilo, basamkela sonke, ngennxa
yemvula ekoyo, nangennxa yengqele.

3 Kekaloku nxa u-Paulusi ebebutile in-
nyanda yentsasa, nanxa ebe*yi*bekile pezu
kwomlilo, kwapuma innyoka ngokufudu-
mala, yaziqinisa esandhleni sake. 4 Baza
abemi bakona bakubona isilo eso silenga-
lenga esandhleni sake, bati omnye kwom-
nye: Okunene ungumbulali umntu lo, ote,
nakuba esindile elwandhle, impindezelo
ayimvumelanga ukuba adhle ubomi. 5
Wati kekaloku yena esivutululele emli-
lweni isilo eso, akeva 'senzakalo. 6 Koko
bona bebekangela ukuba uya kuti adumbe,
umhlaumbi awe pantsi ngesiqupe efile:



University of Fort Hare

kodwa bakuba bebekangela kade, benga-
boni 'nto embi imhlela, bajika inkliziyo,
bati ungutixo.
7 Kwa kwezondawo zangakona ibiko
imihlaba yoyinkloko yesiqiti, ogama lali-
ngu-Pubiliyo; owasamkelayo, wasihlalisa
kuye imihla yamitatu ngobuhlobo. 8
Kwaye kute, uyise ka-Pubiliyo ebelele
ibanjwa licesine nesixaxazo segazi; owati
u-Paulusi wangena kuye, watandaza, wa-
beka izandhla pezu kwake, wampilisa.
9 Kekaloku kwakuba kwenziwe oku, ba-
besiza nabanye abebenezifo esiqitini, bapi-
liswa: 10 abasibekayo ngembeko ezinninzi
kanjalo, bati ekunduluk eni kwetu basi-
twesa ngezinto ezisilungeleyo.
11 Sada emveni kwennyanga zantatu
sanduluka ngennqanawa yase-Aletsandriya,
ebenze ubusika esiqitini, inopau olungu-
Kasitore no-Polutse. 12 Saza safikela
emhlabeni e-Sirakuse, salibala *kona* imihla
yamitatu. 13 Sisuka apo sazekelela seza
kufika e-Regiyo; wati emveni kwosuku
lunye wavuka ummoya wasesuyide, saza
ngowesibini umhla safika e-Puteyoli: 14
apo safumana kona abazalwana, sabongozwa
ukuba silibale kubo imihla ibe 'sixenxe:
saya njalo ke ukuya e-Roma. 15 Baza
abazalwana bakuva okwetu bapuma kona,
beza kusikaulela kwada kwase-Apiyo-
forume, nase-Tavene-ntatu; owati u-
Paulusi akubabona, wabulela KUTIXO, wa-
zuza ukwomelela.
16 Kekaloku okuya sasifikile e-Roma,
yati inkosikulu yanikela ababanjwa kwin-
kosi yomkosi wakwomkulu: kodwa kwa-
vunyelwa u-Paulusi ukuba ahlale yedwa,
kunye nesodati elimgcinayo.

17 KWAYE kute emveni kwemihla mi-
tatu, u-Paulusi wababizela ndawonye kuye
abakulu bakuma-Juda. Nxa ke bebebu-
tene, wabesiti kubo: Madoda, bazalwana!
nakuba ndingenzanga 'nto ecasene nabantu
namasiko obawo betu, ndanikelwa ndi-
ngumbanjwa e-Yerusaleme ezandhleni
zama-Roma. 18 Abesiti wona akuba endi-
buzile, afuna ukun*di*kulula, ngennxa yo-
kuba bekungeko 'tyala elibang' ukufa
kumi. 19 Kodwa akupika ama-Juda,
ndanyanzelwa ukumangala ku-Kesare;
kungekukuba ndibe ndinento ukunika
uhlanga lwami ityala ngayo. 20 Ngennxa
yelitoba ngoko ndinibizele kumi, lokuba
ndi*ni*bone, nokuba nditete na*ni*: ngokuba
kungennxa yetemba lo-Sirayeli endifa-
kiwe lomxokolelwane.
21 Baza bona bati kuye: Asamkelanga
'nncwadi ngawe tina ivela e-Judeya, akuko
'mntu wakubazalwana kanjako ote akufika
*apa* washumayela umhlaumbi wateta into
ngawe ekohlakeleyo. 22 Kodwa siba ku-
fanelekile ukuba sive kuwe oko ukuku-
mbulayo: ngokuba ngalo ulwahlukano olu
kusaziwa siti ukuba luyapikwa kuzo zonke
indawo.
23 Kekaloku bemmisele umhla *otile* nje,
kweza kuye endaweni *yake* yokuhlala
abaninzi; owabebacazela ubukumkani
BUKATIXO, wa*bu*nqìnela, wabacenga ngento
ezingaye u-Yesu kanjalo, nakuwo umteto
ka-Mosesi nakubo abaprofite, kwa sekuseni
kwada kwahlwa. 24 Baza abanye be-
yiswa zizinto ezibe zitetwa, kodwa abanye
abakolwa. 25 Bati ke bakuba benga-
vumelene omnye nomnye, banduluka, nxa
u-Paulusi ebetshilo *eli*lizwi linye lokuti:
Ulungisile ukuteta umoya oyingcwele ngo-
Yisaya umprofite kubo obawo betu, 26
esiti: Hamba uye kwababantu, uti: Ngo-
kuva niya kuva, ningezi niqonde; nibona
nje niya kubona, ningezi niqiqe: 27 ngo-
kuba inkliziyo yababantu idikiwe, nen-
dhlebe bazenze nzima ukuva kwazo,
namehlo abo bawacimile; hleze babone
ngamehlo, beve ngendhlebe, baqonde
ngenkliziyo, baguquke, ndibapilise. 28
Makwazeke ngoko kuni, ukuba usindiso
LUKATIXO lutunyiwe kubaheyideni, abaya
kuva bona. 29 Kute akuba ebetshilo
oku, emka ama-Juda, enopikisano olukulu
pakati kwawo.
30 Wati kekaloku u-Paulusi wahlala
iminyaka mibini ipela kweyake indhlu
eqeshiweyo, wabamkela ngembuko bonke
ababengena kuye, 31 eshumayela ubu-
kumkani BUKATIXO, efundisa izinto ezi-
ngayo INKOSI u-Yesu Krestu, ngokukalipa
konke, engenakwalelwa.



University of Fort Hare

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMAROMA.

ISAHLUKO I.

UPAULUSI, isicaka sika-Yesu Krestu,
obiziweyo *ukuba* ngumpostile, owahlu-
lelwe evangelini KATIXO,—2 leyo wayibe-
kelayo ngedinga kwa pambili ngabapro-
fite bake ezibàlweni ezingcwele, 3 ngaye
unyana wake, owazalwa ngenzalo ka-
Davide ngokwennyama, 4 owabonakaliswa
ngamandhla ukuba ngunyana KATIXO ngo-
kwomoya wobungcwele ngokuvuka eku-
feni, kwa u-Yesu Krestu INKOSI yetu; 5
esati ngaye samkela ufefe nobupostile,
kube kukuva kwokolo pakati kwazo zonke
inklanga, ngennxa yegama lake; 6 eni-
pakati kwazo nani, ningababizwa baka-
Yesu Krestu:—7 kubo bonke abase-Roma,
abatandiweyo NGUTIXO, ababiziweyo *ukuba*
ngabangcwele: Ufefe malube kuni, no-
xolo, luvela kuye UTIXO ubawo wetu,
NENKOSI u-Yesu Krestu.
8 Nditi ke ukuqala, ndibulela KUTIXO
wami ngaye u-Yesu Krestu ngennxa yenu
nonke, ukuba inkolo yenu iyashunyayelwa
kulo lonke ilizwe. 9 Ngokuba UTIXO eli-
nqìna lami, endimkonzayo emmoyeni wami
kuyo ivangeli yonyana wake, lokokuba
ndiyanikankanya ndingayeki, 10 ndikunga
ngamaxesha onke emitandazweni yami,
ukuba kungati kaloku ndoda ndivulelwe
indhlela ngentando KATIXO ukuza kuni.
11 Ngokuba ndilangazelela ukunibona,
ukuze ndinabele isipiwo esibumoya, ukuba
niqiniswe; 12 oko kukuti ke, ukuba ndo-
nwatyiswe kunye *nani* pakati kwenu,
ngalo ukolo olukuti ngabanye, kwa no-
lwenu nolwami.
13 Kodwa anditandi ukuba nibe ningazi,
bazalwana! okokuba ndite futi ndacinga
ukuza kuni, (kanti ndaxakwa kwada kwa-
kaloku nje,) ukuze ndibe nezixakato na-
pakati kwenu, njengapakati kwabo na-
banye abaheyideni. 14 Ndingonetyala
kwa kuwo ama-Girike nakubo abange-
ngama-Girike, kwa kubo abalumkileyo na-
kubo ababudenge. 15 Kwa njalo okwami
sendilungile ukushumayela ivangeli na-
kuni base-Roma.
16 Ngokuba ndingenankloni ngayo iva-
ngeli ka-Krestu: ngokuba ingamandhla
KATIXO lube lusindiswa kubo bonke aba-
kolwayo; kwa kuye um-Juda ukuqala,
nakuye um-Girike. 17 Ngokuba ubu-
lungisa BUKATIXO butyilwa kuyo ngokolo
kude kube lukolo, njengokuba kubàliwe
*ukuti:* Kodwa olungileyo uya kupila ngo-
kolo.

18 NGOKUBA kutyilwa umsindo KA-
TIXO ezulwini ngakuko konke ukunga-
bedeshi nokungalungisi kwabantu, aba-
yibambayo innyaniso kokungalungileyo;
19 ngokokuba oko okwazekayo NGOTIXO
kubonakele pakati kwabo; ngokuba UTIXO
wakubonakalisa kubo: 20 ngokuba izinto
zake ezingabonekiyo ziqiqwa kwa seku-
dalweni kwelizwe, ziqondwa ngezinto
ezenziweyo, kwa amandhla ake anguna-
pakade nobutixo *bake;* ukuze bangabi
nakulandula; 21 ngokokuba, nangona
bamaziyo UTIXO, abamdumisa njengokuba
ENGUTIXO, ababulela kanjako; koko ba-
mata ezicamangweni zabo, yati inkliziyo
yabo engenakuqonda yenziwa mnyama.
22 Besitsho ukuti bangabalumkileyo baba
zizidenge, 23 bati ubungcwalisa bake
UTIXO owongonakaliyo babuguqulela um-
fanekiso ofana nomntu owonakalayo, nen-
taka, nezilo ezinnyawo zinne, nezinto
ezinambuzelayo.
24 Ngako oko kanjalo UTIXO wabayekelela
kuzo inkanuko zenkliziyo zabo ekuncoleni,
ukuba bahlazekise imizimba yabo pakati
kwabo; 25 ekubeni innyaniso KATIXO
bayiguqulela ubuxoki, nezidalwa bazibe-
desha bazikonza ngapezu kwomdali, odumi-
sekayo kude kubo ngunapakade: Amene.
26 Ngennxa yoku UTIXO wabayekelela
emilweni ehlazekileyo: ngokuba kwa



University of Fort Hare

amankazana abo aguqula okwemvelo
ukwenza kube kokungalungelene nemvelo:
27 kwa ngokunjalo namadoda, eyeka o-
kwemvelo ukwenza kwinkazana, atsha
ekunqweneleni kwawo ennye ngakuyo
ennye, amadoda esenza namadoda okuli-
hlazo, esamkela kwa kuwo ngokwawo im-
pindezelo ebifanele ulahleko lwawo. 28 Ka-
njako njengokuba bebengatandi ukubamba
UTIXO ekwazini *kwabo*, UTIXO wabayekelela
eluveni olwaliwayo, ukwenza izinto ezi-
ngafanelekileyo; 29 bezalisiwe kuko konke
okungalungileyo, ngumbulo, bubumeneme-
ne, bububawa, lulunya; bezele ngumona,
lubulalo, lipike, yinkohliso, lulwavela; 30
bengabagquguli, abahlebi, abatiyi BAKA-
TIXO, ababandezeli, abaneratshi, abazidhla-
yo, abafumanisi bezinto ezikohlakeleyo,
abangevayo abazali, 31 abangenakuqo-
nda, abapuli bocebano, abangenalutando
lwokuvela, abangaxoliseki, abangenazi-
belo: 32 abati, nangona bawaziyo um-
miso KATIXO, wokuba abo bazenza izinto
ezinjalo bafanele ukufa, bangazenzi kwa
zona kodwa, koko kanjalo batakazela aba-
zenzayo.

2 NGAKO oko akunakulandula, mntu-
ndini! ungosukuba egweba: ngokuba
ngoko umgweba omnye umntu ngako,
uzigweba wena ngokwako; ngokuba izinto
ezikwa zizo uzenza wena ugwebayo. 2
Kekaloku siyazi ukuba umgwebo KATIXO
ungokwennyaniso ngakubo abazenzayo
izinto ezinjalo. 3 Nawe, mntundini!
ubagwebayo abo bazenza izinto ezinjalo,
xa uzenza kwa zona, uyatelekelelisa oku
na, ukuba uya kusinda emgwetyweni
KATIXO? 4 uyabudela kusinina ubutyebi
bobubele bake nonyamezelo *lwake* noku-
zeka kade *kwake;* ungazi ukuba ububele
BUKATIXO buyakukokela elguqukweni? 5
uze uti ngokwobulukuni bako nenkliziyo
engenakugqoboka uzibekele umsindo em-
hleni womsindo nokutyilwa kwokugweba
okulungileyo KUKATIXO: 6 oya kuvuza
abanye ngabanye ngokwemisebenzi yabo;
7 abo ke abati ngokuba nomonde ekwe-
nzeni okulungileyo bafune ubungcwalisa,
nembeko, nokungaboli, ngobomi obungu-
napakade: 8 kodwa kubo abanenkani,
abangalulameli innyaniso ke, koko belula-
mela okungalungileyo, *kwobako* ingqumbo
nomsindo, 9 imbandezelo nobunzima, pezu
kwayo yonke imipefumlo yabantu abakwe-
nza okukohlakeleyo, kwa eyama-Juda ku-
qala, neyama-Girike; 10 kodwa *kwobako*
ubungcwalisa, nembeko, noxolo, kubo bonke
abakwenza okulungileyo, kwa kuwo ama-
Juda kuqala, nakuwo ama-Girike: 11 ngo-
kuba kungeko ukuketa abantu kuye UTIXO.
12 Ngokuba bonke abonileyo benge-
namteto beya kububa kwa bengenam-
teto; kanjako bonke abonileyo bepantsi
kwomteto baya kugwetywa ngomteto;—
13 ngokuba kungengabo abapulapuli bom-
teto abalungile pambi KWOTIXO, kungabo
abenzi bomteto abaya kugwetyelwa: 14
ngokuba okuya abaheyideni, abangenam-
teto, bazenza ngemvelo izinto zomteto,
aba, nakuba bengenamteto, bangumteto
kwa kubo ngokwabo; 15 ekubeni babo-
nakalisayo umsebenzi womteto obàliweyo
ezinkliziyweni zabo, isazeliso sabo sinqìne-
lana *nawo*, nenkumbulo *zabo* ezinnye nezin-
nye zibanika ityala, okanye zibatetelela:—
16 emhleni nxa UTIXO aya kugweba izinto
ezifihlakeleyo zabantu ngo-Yesu Krestu
njengokwevangeli yami.
17 Kangela, wena uyabizwa ngokuti
ungum-Juda, uyayama pezu kwomteto,
uyaqayisa KUTIXO, 18 uyayazi intando
*yake*, uyaziqiqa izinto ezigqitiseleyo, u-
fundiswa nje emtetweni; 19 kanjalo uya-
tembela ukuba wena ngokwako ungumko-
keli wemfama, ukanyiso lwabasebumnya-
meni, 20 umluleki wabazidenge, umfundisi
wentsana, unesimilo sokwazi nesennyaniso
emtetweni: 21 wena ngoko ofundisayo
omnye, akuzifundisi na? wena ushuma-
yelayo ukuba makungebìwa, uyebà na?
22 wena utshoyo ukuti makungarexezwa,
uyarexeza na? wena uzitiyayo izitixo, uya-
zipanga itempile na? 23 wena uqayisayo
emtetweni, uyamdela UTIXO na ngokugqita
umteto? 24 Ngokuba igama LIKATIXO
ligxekwa pakati kwabaheyideni ngennxa
yenu, njengokuba kubàliwe.
25 Ngokuba ukwaluka kunceda oku-
nene, xeshekweni uwenza umteto; kodwa
xeshekweni ungumgqiti womteto, ukwa-
luka kwako kwenziwe ukungaluki. 26
Xeshekweni ngoko onokungaluki ayiba-
mba imimiso yomteto, ukungaluki kwake
akuyi kubalwa na ngokuba kukwaluka?
27 Kanjalo onokungaluki ngokuvela, ukuba
uyafeza umteto, akayi kugweba wena yi-
nina, oti ngegama nangokwaluka ungum-
gqiti womteto? 28 Ngokuba engengum-
Juda, lowo unguye ngokupandhle; kanjako



University of Fort Hare

akukukwaluka, oko kupandhle ennyameni:
29 koko engum-Juda, lowo unguye ngoku-
pakati; nokwaluka kukokwenkliziyo, em-
moyeni, kungesegameni; okukudunyiswa
kungaveli ebantwini, kuvela UTIXO.

3 Kuyinto nina pofu ukudhlulisela kwom-
Juda? umhlaumbi kuyinto nina uku-
nceda kwokwaluka? 2 Kuninzi ngendawo
zonke: okona kukulu, kukuba kwabe-
kelwa kubo amazwi KATIXO. 3 Ngokuba
kuyinina ukuba abakolwa innxennye?
ukungakolwa kwabo kuya kutshitshisa na
innyaniseko KATIXO? 4 Kwanga kungebe
njalo! makabe yinnene UTIXO, nakuba
bonke abantu bengamaxoki; njengokuba
kubàliwe *ukuti:* Ukuze ube ugwetyelwa
ezitetweni zako, weyise ekumenyweni
kwako.

5 Kodwa ukungalungisi kwetu ukuba
kuyabonakalisa ubulungisa BUKATIXO, soti
nina ke? Ungongalungileyo na UTIXO
ohlisayo umsindo *wake?* (Ndiyateta nje-
ngokwabantu.) 6 Kwanga kungebe njalo!
ngokuba oko eya kuti nina ukugweba ili-
zwe? 7 Ngokuba innyaniso KATIXO ukuba
ite ngobuxoki bami yakolisa ukwandela
ubungcwalisa bake, yinina ukuba ndisa-
menywa nami njengomoni? 8 He, *yinina
ukuba* singa*ti*, njengokuba kutetwa ngati
ngokugxeka, nanjengokuba besitsho in-
nxennye ukuba siti: Masenze okukohlake-
leyo, ukuze kuvele okulungileyo? abaku-
gwetywa kufanelekile.

9 Yinina pofu? *siba*gqitisele na? Na-
kanye: ngokuba sise simisile ityala kwa
kuma-Juda nakuma-Girike, lokuba onke
apantsi kwesono; 10 njengokuba kubà-
liwe *ukuti:* Akuko olungileyo, hai nam-
nye; 11 akuko oqondayo, akuko ofuna
UTIXO. 12 Bapambukile bonke, bonakele
kunye; akuko owenza okulungileyo, akuko
noko amnye. 13 Ummizo wabo ulincwaba
elivulekileyo; bate ngelwimi zabo benza
inkohliso; ubuhlungu bamaramba bupa-
ntsi kwemilebe yabo: 14 abamlomo uzele
kukuqalekisa nabuburara: 15 innyawo
zabo zinamendu ukuya kupalaza igazi; 16
ucitakalo nosizi lusezindhleleni zabo; 17
nendhlela yoxolo abayazanga: 18 akuko
ukwoyika UTIXO pambi kwamehlo abo.

19 Kekaloku siyazi ukuba zonke izinto
uzitshoyo umteto, uyaziteta kwabo bapa-
ntsi kwomteto; ukuze yonke imilomo
ivingcwe, nalo lonke ilizwe limelwe kuku-
gweba KUKATIXO: 20 ngennxa yokuba ku-
ngayi kugwetyelwa namnye umntu ebu-
sweni bake ngemisebenzi yomteto: ngo-
kuba ngawo umteto *kuko* ukwaziwa kwe-
sono.

21 KODWA kaloku ngapandhle kwom-
teto ubulungisa BUKATIXO bubonakalisi-
we, bunqinelwa ngumteto nabaprofite;
22 kwa ubulungisa BUKATIXO ngalo ukolo
luka-Yesu Krestu, ngakubo bonke napezu
kwabo bonke abakolwayo; ngokuba ku-
ngeko ukwahluka: 23 ngokuba bonke
bonile, bengafikeleli kubo ubungcwalisa
BUKATIXO; 24 begwetyelwa ngesisa lufefe
lwake ngalo ukululwa olukuye u-Krestu
Yesu; 25 ate UTIXO wambeka ngapambili
ukuba sisihlaulelo ngalo ukolo egazini
lake, kube kukubonakaliswa kwobulungisa
bake, ngennxa yokuyekelwa kwezono ezibe
zenziwe pambili, ekunyamezeleni KUKA-
TIXO; 26 kuze kube kukubonakaliswa
kwobulungisa bake kwelixesha lakaloku
nje, ukuze abe elungile, nxa agwebelayo
owaselukolweni luka-Yesu.

27 Kupina pofu ukuqayisa? Kuvalelwe
pandhle. Ngowanina umteto? ngowemi-
sebenzi na? Nakanye; koko ngawo um-
teto wokolo. 28 Siyatelekelelisa ngoko,
ukuba umntu uyagwetyelwa lukolo nga-
pandhle kwemisebenzi yomteto. 29 UTIXO
ungowama-Juda odwa na? akangowaba-
heyideni nabo na? Ewe, ngowabaheyi-
deni nabo: 30 ekubeni ke UTIXO emnye,
oya kugwebela abanokwaluka ngetuba
lokolo, nabanokungaluki ngalo ukolo. 31
Umteto pofu siyawutshitshisa ngalo ukolo
na? Kwanga kungebe njalo! koko siwumi-
sayo umteto.

4 Pofu siya kuti nina u-Abrahame ubawo
wetu ufumene ngokwennyama? 2 Ngo-
kuba u-Abrahame ukuba wagwetyelwa
ngemisebenzi, unako angaqayisa ngako:
koko engenako pambi KWOTIXO: 3 ngokuba
isibàlo sisiti nina? u-Abrahame wakolwa
NGUTIXO, kwaza kwambalelwa kube kukulu-
nga. 4 Kekaloku lowo usebenzayo, umvuzo
awumbalelwa ukuba ngofefe, koko ukuba
ngetyala; 5 kodwa lowo ungasebenziyo,
koko ekolwa kulowo ugwebela abangabede-
shiyo, ukolo lwake luyambalelwa lube
kukulunga.

6 Kwa njengokuba no-Davide exela ubu-
tamsanqa balomntu UTIXO abalelayo kuye
ukulunga ngapandhle kwemisebenzi, 7 *esiti:*
Banetamsanqa abazigqito zixolelweyo, na-



University of Fort Hare

bazono ziselelweyo; 8 unetamsanqa umntu UYEHOVA ongabaleli kuye isono.

9 Obubutamsanqa ke *butetwa* pezu kwabanokwaluka na, *butetwa* napezu kwabanokungaluki kusinina? ngokuba sisiti ukolo lwabalelwa u-Abrahame lube kukulunga. 10 Lwatiwa nina ke ukubalwa? akuba ebesekwalukeni, akuba ebesekungalukini, kusinina? Ebengesekwalukeni, ebesekungalukini. 11 Waza wamkela upau lwokwaluka, isineamatiselo sokokulunga kwokolo abenalo ekungalukini *kwake:* ukuze abe nguyise wabo bonke abakolwayo besekungalukini; ukuba ukulunga kubalelwe kubo nabo; 12 noyise wabanokwaluka, kwabangengabo basekwalukeni kodwa, koko kwabati kanjalo bahambe emikondweni yokolo lwobawo wetu u-Abrahame abenalo ekungalukini *kwake.*

13 Ngokuba bekungengawo umteto idinga *labekelwa* u-Abrahame nenzalo yake, ngokokuba abe yindhlalifa yelizwe, bekungako ukulunga kwokolo. 14 Ngokuba abo basemtetweni ukuba bazindhlalifa, ukolo lwenziwe into engento yanto, nedinga litshitshisiwe: 15 ngokuba umteto uzuzisa umsindo; ngokuba apo kungeko kona umteto, kungeko nesigqito. 16 Ngennxa yoku *ilifa* lelaselukolweni, ukuba libe ngofefe; ukuze idinga libe liqinisekile kuyo yonke inzalo, kungabi kuleyo yasemtetweni yodwa, kube nakuleyo yaselukolweni luka-Abrahame; ongubawo wetu sonke, 17 (njengokuba kubàliwe ukuti: Ndikwenzile uyise wenklanga ezininzi,) ebusweni balowo 'TIXO wakolwa kuye, oti abadhlise abafileyo ubomi, abize izinto ezingekoyo njengokuba ziko: 18 owati lakugqita itemba wakolwa ngetemba, ukuba abe nguyise wenklanga ezininzi, njengoko kube kutshiwo: Yoba njalo inzalo yako. 19 Kanjako engebutataka ekukolweni, akakumbulela owake umzimba obusel' ufile, epants' ukuba yiminyaka elikulu ubudala bake, kwa nokufa kwesizalo sika Sara: 20 nedinga LIKATIXO akalitandabuzela ngokungakolwa: koko womelezekayo ekukolweni, enika UTIXO udumo, 21 ekolisile ukukolwa kanjalo ukuba oko akubekele ngedinga unamandhla nokukwenza. 22 Kwaza ngoko ke kwambalelwa kube kukulunga.

23 Kekaloku kwakungabàlwa ngennxa yake yedwa, ukuti kwambalelwa; 24 koko *kwabàlwa* nangennxa yetu, ekuya kusibalelwa, tina bakolwayo kulowo owavusa u-Yesu INKOSI yetu ekufeni; 25 owanikelwa ngennxa yeziposo zetu, waza wavuswa ngennxa yokugwetyelwa kwetu.

5 NGAKO sigwetyelwe ngokolo nje, sinalo uxolo KUTIXO ngayo INKOSI yetu u-Yesu Krestu; 2 esite ngayo kanjalo sanokungeniswa ngokolo kolufefe simi kulo; sivuyelela ngetemba lobungcwalisa BUKATIXO.

3 Kunge*njalo* ke kodwa, koko kanjako sivuyelela ezimbandezelweni; sisazi ukuba imbandezelo iyazuzisa umonde, 4 nomonde isazelo, nesazelo itemba; 5 liti ke itemba lingadanisi, ngokokuba utando LUKATIXO lugalelwa ezinkliziyweni zetu ngumoya oyingcwele owanikwa kuti.

6 Ngokuba u-Krestu, nxa sibe sisaswele amandhla tina, ngexesha elifanelekileyo wafela abangabedeshiyo. 7 Ngokuba cebetshu kukohlwa kubako oya kufela olungileyo: noko kungati umhlaumbi kuko okwa nokukalipa ukufela lowo obubele. 8 Kodwa UTIXO uyabonakalisa olwake utando ngakuti, ngokokuba, nxa sibe sisengaboni tina, u-Krestu wasifela. 9 Siya kuti kakulu ngakumbi ngoko, sigwetyelwe nje kaloku ngegazi lake, sisindiswe ngaye emsindweni *ozayo.* 10 Ngokuba, sizintshaba nje, ukuba saxoliswana NOTIXO ngako ukufa kwonyana wake, siya kuti kakulu ngakumbi, sixoliswene nje, sisindiswe ngobomi bake.

11 Kunge*njalo* ke kodwa, koko kanjako sivuyelela KUTIXO ngayo INKOSI yetu u-Yesu Krestu, esite ngayo kaloku samkela uxoliswano.

12 Ngennxa yoku, njengokuba isono sangena elizweni ngayo umntu emnye, nokufa ngaso isono; kwaza ngokunjalo ukufa kwacandela kubo bonke abantu, ngokokuba bonke bebonile:—13 Ngokuba kude kwabako umteto bekuko isono elizweni: kodwa isono asibalelwa, nxa kungekoyo umteto. 14 Noko ukufa kwapata ubukosi kwa ku Adame kwada kwaku-Mosesi, kwa pezu kwabo babengonanga ngesigqito esifana nesika-Adame, ongumfanekiselo walowo obeza kuza. 15 Koko kungenjengokuba *sinjalo* isiposo, ukuba sinjalo nesipo sofefe. Ngokuba, ukuba ngesiposo somnye bafa abaninzi, kukakulu ngakumbi lute ufefe LUKATIXO nolupo *lwake* lwakolisa ukwandela abaninzi ngofefe olulolwomnye umntu engu-Yesu Krestu. 16 Kanjako



University of Fort Hare

akunjengokuba *kunjalo* ngaye omnye owo-
nayo, ukuba *sinjalo* isipiwo: ngokuba um-
gwebo unge*siposo* sinye kube kukugwe-
tywa, kodwa isipo sofefe singezipozo ezi-
ninzi kube kukugwetyelwa. 17 Ngokuba,
ukuba ngesiposo somnye ukufa kwapata
ubukosi ngaye omnye lowo, kukakulu nga-
kumbi baya kuti abo babamkelayo ubuninzi
bofefe nopiwo lwobulungisa bapate ubukosi
ebomini ngaye omnye ongu-Yesu Krestu.—
18 Ngako ke, njengokuba *umgwebo* ngaso
isiposo sinye *ubufik*ela bonke abantu kube
kukugwetywa, kwa njalo n*esipo sofefe*
ngesenzo esilungileyo sinye *safik*ela bonke
abantu kube kukugwetyelwa okunobomi.
19 Ngokuba, njengokuba ngako ukungeva
kwomntu omnye abaninzi benzwa aboni,
kwa njalo nangako ukuva kwomnye aba-
ninzi baya kwenzwa abalungileyo.
20 Kekaloku umteto wangena nawo,
ukuze isiposo sandiswe. Kodwa apo sandi-
swa kona isono, lwakolisa ukwanda kakulu
ngakumbi ufefe: 21 ukuze ke, njengo-
kuba isono sapata ubukosi ekufeni, luti
kwa njalo nofefe lupate ubukosi ngabo
ubulungisa bube bubomi obungunapakade,
ngaye u-Yesu Krestu INKOSI yetu.

6 SOTI nina pofu? Somana ukuma eso-
nweni na, ukuze ufefe lwandiswe?
2 Kwanga kungebe njalo! Tina sa-
fayo ngakwisono, soti nina ukuba sisahlala
kuso? 3 Anazi na, ukuba sonke tina saba-
pitizeshelwayo ku-Krestu Yesu sabapitize-
shelwa ekufeni kwake? 4 Sancwatyelwa
ngoko kunye naye ngako ukubapitizeshwa
ekufeni *kwake;* ukuze ke, njengokuba
u-Krestu ebevuswa kwabafileyo ngabo
ubungewalisa BOYISE, siti kwa njalo nati
sihambe ekuhlaleni okutsha. 5 Ngokuba
okunene, ukuba sibe sihlanganisiwe naye
ekufaneni kwokufa kwake, soba njalo
nakokwokuvuka *kwake*: 6 oku sikwazi
nje, ukuba umntu wetu omdala wakuru-
seshwa kunye *naye*, ukuze umzimba weso-
no utshatyalaliswe, size tina singabi sako-
nza esonweni. 7 Ngokuba lowo ufileyo
ekululwe esonweni. 8 Kekaloku ukuba
safa kunye no-Krestu, siyakolwa ukuba siya
kuti kanjalo sidhle ubomi kunye naye: 9
sisazi ukuba u-Krestu evusiwe nje kwaba-
fileyo akasafi; ukufa akusenabukosi pezu
kwake. 10 Ngokuba *ukufa* wakufayo,
wafela isono kwa kanye; kodwa ubomi
abudhlayo, uyabudhlela UTIXO. 11 Kwa
njalo nani zibaleni ukuba nifile ngakuso
isono, kodwa nisidhla ubomi ngakuye
UTIXO, ku-Krestu Yesu INKOSI yetu.
12 Masiti ngoko isono singapati ubukosi
emzimbeni wenu onokufa, ukuba nisilula-
mele ezinkanukweni zawo. 13 Kanjako
ningamiseli esonweni amalungu enu ukuba
zimpahla zokungalungileyo: koko zimise-
leni KUTIXO njengokuba nihleli *nivukile*
kwabafileyo, namalungu enu *niwamisele*
KUTIXO ukuba zimpahla zobulungisa. 14
Ngokuba isono singayi kuba nabukosi pezu
kwenu: ngokuba ningepantsi kwomteto,
koko nipantsi kwofefe.
15 Yinina pofu? siya kwona na, ukuba si-
ngepantsi kwomteto, koko sipantsi kwofefe?
Kwanga kungebe njalo! 16 Anazi na,
ukuba lowo nizimisela kuye ukuba zizi-
caka zoku*m*va, nizizicaka zake enimvayo;
nokuba zezesono kube kukufa, nokuba zezo-
kuva bube bubulungisa? 17 Kodwa maku-
bulelwe KUTIXO ukuba, *nangona* nibe nizizi-
caka zesono, neva noko ngenkliziyo umli-
nganiselo wofundiso enaninikelwe kuwo;
18 naza nati, nikululekisiwe kuso isono
nje, nenzwa izicaka ebulungiseni. 19
Ndiyateta njengokwabantu ngenxa yobu-
lwelwe bennyama yenu. Ngokuba nje-
ngokuba amalungu enu nawamisela ukuba
zizicaka ekuncoleni nasekukohlakaleni
kube kukukohlakala, kwa njalo kaloku mi-
selani amalungu enu ukuba zizicaka ebulu-
ngiseni kube bubungcwele. 20 Ngokuba
okuya nibe nizizicaka zesono, nibe nikulu-
lekile kubo ubulungisa. 21 Nibe ninesi-
qamo sinina pofu oko, ngezozinto nizidane-
leyo ngoku? ngokuba isipelo sezozinto,
kukufa. 22 Kodwa kaloku nikululekisiwe
kuso isono, nenzwa izicaka KUTIXO nje,
ninesiqamo senu ngasebungcweleni; nesi-
pelo, ninobomi obungunapakade. 23 Ngo-
kuba umvuzo wesono ukukufa; kodwa
isipo sofefe SIKATIXO sibubomi obunguna-
pakade ngo-Yesu Krestu INKOSI yetu.

7 ANAZI na, bazalwana! (ngokuba ndi-
teta kwabawaziyo umteto,) okokuba
umteto unobukosi pezu kwomntu lonke
ixesha asahlala ngalo? 2 Ngokuba umfazi
opantsi kwendoda ebotshiwe ngumteto
kwindoda *yake* nxa isahlalayo; kodwa xe-
shekweni indoda ifayo, ukululwe kuwo
umteto wendoda. 3 Ngako ke, ukuba uba
ngowennye indoda, nxa isahlala indoda
*yake*, uya kubizwa ngokuba lirexezakazi:



University of Fort Hare

kodwa xeshekweni indoda *yake* ifayo, uku-
lulekile kuwo umteto lowo ; ukuze angabi
lilo irexezakazi, nakuba aba ngowennye
indoda. 4 Kwa njalo ke, bazalwana bami !
nani nenzwa nifile ngakuwo umteto ngawo
umzimba ka-Krestu ; ukuba nina nibe nga-
bo abomnye, kwa abalowo ubevuswa eku-
feni, ukuze nivelisele UTIXO izixakato. 5
Ngokuba okuya sibe sisennyameni, imilo
yezono, ebi*vuka* ngawo umteto, ibisebenza
emalungwini etu, kuze kuveliselwe ukufa
izixakato. 6 Kodwa kaloku sikululwe
emtetweni, sifile nje ngakuko oko esasiba-
njelwe kuko ; ukuze sibe sikonza ngobutsha
bommoya, kungabi ngobudala begama.
7 Soti nina pofu ? Umteto usisono na ?
Kwanga kungebe njalo ! Noko, isono
bendingasazanga, kupela ngawo umteto :
ngokuba unqwenelo ngendingalwazanga,
ukuba umteto ubungatsho ukuti : Akuyi
kunqwenela. 8 Kodwa isono, sizuzile itu-
ba nje ngawo umyalelo senza kumi lwonke
unqwenelo. Ngokuba ngapandhlo kwom-
teto isono sifile. 9 Nami bendifudula ndipi-
lile ngapandhle kwomteto : kodwa kwaku-
fika umyalelo, sabuya sapila isono, ndafa ke
mina ; 10 nomyalelo, obungowobomi, wona
lo wafunyanwa ndimi ukuba ngowokufa. 11
Ngokuba isono sizuzile ituba nje ngawo um-
yalelo sandilukuhla, sati kwa ngawo sa*ndi*-
bulala. 12 Kwa njalo ke umteto ungcwele,
nomyalelo ungcwele, unobulungisa, ulu-
ngile.
13 Pofu oko kulungileyo kwaba kukufa
na kumi ?
Kwanga kungebe njalo ! koko isono *saba
kukufa kumi*, ukuze sibonakale ukuba si-
sono, sindenzela ukufa ngako okulungileyo ;
ukuze isono ngawo umyalelo sibe sibubono
ngento egqitisileyo. 14 Ngokuba sisazi
ukuba umteto ubumoya : kodwa mina ndibu-
nyama, nditengiselwe ngapantsi kwesono.
15 Ngokuba oko ndikwenzayo ndinga-
kwazi : ngokuba oko ndikutandayo, oku
ndingakwenzi ; koko oko ndikutiyayo, oku
ndikwenza. 16 Kodwa ukuba oko ndinga-
kutandiyo, oku ndiyakwenza, ndiyavumela
umteto ukuba ulungile. 17 Kuze kaloku
kungabi sendimi okwenzayo kona, kusisono
esimiyo kumi. 18 Ngokuba ndisazi ukuba
akumi kumi, oko kukuti ennyameni yami,
into elungileyo : ngokuba ukutanda kuko
ngakumi ; kodwa ukufeza oko kulungileyo
andikufumani. 19 Ngokuba okulungileyo
endikutandayo ndingakwenzi ; koko oku-
kohlakeleyo endingakutandiyo, oku ndi-
kwenza. 20 Kodwa ukuba oko ndingaku-
tandiyo mina, oku ndiyakwenza, akuse-
ndimi okwenzayo kona, kusisono esimiyo
kumi. 21 Ndiyafumana ngoko lomteto,
wokuba, nxa nditandayo ukwenza oko
kulungileyo, oko kukohlakeleyo kuko nga-
kumi. 22 Ngokuba ndigcoba emtetweni
KATIXO ngokwowapakati umntu : 23 kodwa
ndiyabona umteto wumbi emalungwini
ami, usilwa nomteto woluvo lwami, undi-
timbela emtetweni wesono osemalungwini
ami. 24 Hai umntu olusizi endinguye !
ngubanina oya kundihlangula emzimbeni
wokukufa ? 25 Ndiyabulela KUTIXO ngaye
u-Yesu Krestu INKOSI yetu. Ngako ke
mina ngokwami nditi ngoluvo ndikonze
emtetweni KATIXO, kodwa ngennyama, em-
tetweni wesono.

8 NGAKO kaloku akuko 'kugwetywa
kwabo bakuye u-Krestu Yesu, abati
bangahambi ngokwennyama, koko *bahambe*
NGOKWOMOYA. 2 Ngokuba umteto WOMOYA
wobomi kuye u-Krestu Yesu undikululeki-
sile kuwo umteto wesono nowokufa. 3
Ngokuba oko umteto ubungenamandhla
ukukwenza, ekubeni ububutataka ngayo
innyama, UTIXO etumile owake unyana
ekufaneni kwennyama yesono, nangennxa
yesono, wagweba isono ennyameni ; 4
ukuze ummiso womteto uzalisekiswe kuti,
tina siti singahambi ngokwennyama, koko
*sihambe* NGOKWOMOYA. 5 Ngokuba abo ba-
njengokwennyama benyamekela izinto zen-
nyama ; kodwa abo banjengOKWOMOYA *ba-
nyamekela* izinto ZOMOYA. 6 Ngokuba innya-
mekelo yennyama ikukufa ; kodwa innyame-
kelo YOMOYA ibubomi noxolo. 7 Ngokokuba
innyamekelo yennyama ibutshaba ngakuye
UTIXO : ngokuba ingalulameli emtetweni
KATIXO, ingenje njalo kambe kanjako. 8
Abo basennyameni ke abangemkolise UTIXO.
9 Kodwa nina anisennyameni, koko ni-
KUMOYA, ukuba ke umoya KATIXO umi kuni.
Kodwa ukuba umntu akanaye umoya
ka-Krestu, yena lo akangowake. 10 Keka-
loku ukuba u-Krestu ukuni, umzimba oku-
nene ufile ngennxa yesono ; kodwa um-
moya ububomi ngennxa yobulungisa. 11
Nokuba UMOYA walowo wamvusayo u-Yesu
ekufeni umi kuni, yena owavusa u-Krestu
ekufeni woyidhlisa ubomi kwa imizimba ye-
nu enokufa ngaye UMOYA wake omiyo kuni.
12 Ngako ke, bazalwana ! singabane-


University of Fort Hare

tyala, kungekuyo innyama, ukuba sihlale
ngokwennyama. 13 Ngokuba niza kuti,
ukuba uyahlala ngokwennyama, nife; ko-
dwa, ukuba niti NGOMOYA nibulale izenzo
zomzimba, niya kudhla ubomi. 14 Ngō-
kuba bonke abakokelwayo ngumoya KATIXO,
bona aba bangonyana BAKATIXO. 15 Ngo-
kuba ningawamkelanga ummoya wobuko-
boka kubuye koyikwe; koko nawamkelayo
ummoya wobunyana, esiti kwa kuwo sibize
ngokuti: Aba, Bawo! 16 Yena UMOYA
ngokwake uyanqìnelana nommoya wetu,
okokuba silusapo LUKATIXO. 17 Kekaloku
ukuba silusapo, sizindhlalifa kanjalo; si-
zindhlalifa KATIXO, nendhlalifa kunye no-
Krestu; ukuba ke siyeva inklungu kunye
*naye*, ukuze senzelwe ubungcwalisa kwa
kunye *naye*.

18 Ngokuba nditelekelelisa ukuba inklu-
ngu zelixesha lakaloku nje aziluto zakuli-
nganiswa nobobungcwalisa buza kutyilwa
kuti. 19 Ngokuba ukulangazelela kwoku-
dalwa kulinda ukutyilwa kwonyana BAKA-
TIXO. 20 Ngokuba ukudalwa bekubekwa
pantsi kwokungendawo, (bekungengoku-
vuma kwako, bekungennxa yalowo waku-
bekayo pantsi,) ngetemba, 21 ukuba kwa
kona ukudalwa kuya kukululekiswa ebuko-
bokeni bolwonakalo, *kungeniswe* kuyo inku-
luleko yobungcwalisa bosapo LUKATIXO. 22
Ngokuba sisazi ukuba konke ukudalwa
kugula kunenimba kwa kunye kude kube
kaloku nje. 23 Kunge*njalo* ke kodwa,
koko kanjako tina ngokwetu, esinalo ulibo
LWOMOYA, kwa tina ngokwetu siyagula pa-
kati kwetu, silinda ukumiswa kwobunyana,
ukukululwa kwomzimba wetu. 24 Ngo-
kuba sisindiswe ngetemba: kodwa itemba
elibonwayo alililo itemba; ngokuba oko
akubonayo umntu, kuyinina ukuba unako
nokukutembela? 25 Kodwa ukuba oko
esingakuboniyo siyakutembela, siyakulinda
ngomonde.

26 Ngokunjalo ke NOMOYA uyanceda izi-
lwelwe zetu: ngokuba singazi ukuba singe
sitandazela 'nto nina njengoko kufanelekile-
yo; kodwa yena UMOYA ngokwake uyasite-
telela ngezigulo ezingatetekiyo. 27 Naye
lowo uzipengululayo inkliziyo uyazi into
iyiyo innyamekelo YOMOYA, ukuba ebatetele-
la abangcwele njengako *ukutanda* KUKATIXO.

28 Kanjako siyazi ukuba kwabo batanda
UTIXO zonke izinto ziyasebenza kunye kube
kokulungileyo, kwabo bangababiziweyo
ngokwemvume *yake*. 29 Ngokuba abo waba-
ziyo pambili, wabamisela kwa pambili ukuba
bafane nomfanekiso wonyana wake, ukuze
abe ngowamazibulo pakati kwabazalwana
abaninzi: 30 nabo wabamiselayo pa-
mbili, bona aba wababiza kanjalo: nabo
wababizayo, bona aba wabagwebela ka-
njalo: nabo wabagwebelayo, bona aba
wabenzela ubungcwalisa kanjalo.

31 Soti nina ngoko ngezizinto? Ukuba
UTIXO ungecala letu, ngubanina oya kwa-
lana nati? 32 Lowo ke ongamyekanga
owake unyana, koko wamnikelayo ngennxa
yetu sonke, kungati nina ukuba akayi
kusipa nakunye naye izinto zonke? 33
Ngubanina oya kumisa ityala ngakubo
abaqashwa BAKATIXO? UTIXO nguye o-
gwebelayo; 34 ngubanina lowo ugwebayo?
U-Krestu nguye owafayo, ewe pezu kwoku,
*obuye* wavuka kanjalo, okwa ngasekunene
KWOTIXO, ositetelelayo kanjako. 35 Ngu-
banina oya kusahlula elutandweni luka-
Krestu? yimbandezelo na, bubunzima na,
yintshutshiso na, yindhlala na, bubuzé na,
yingozi na, lirele na? 36 Njengokuba
kubàliwe ukuti: Ngennxa yako siyabu-
lawa immini yonke; sasibalwa ngokuba
zigusha zokuxèlwa. 37 Kuloko kwezi-
zinto zonke sigqitisile nasekwoyiseni ngayo
lowo wasitandayo. 38 Ngokuba ndikoliwe
ukuba kwa nokufa, nobomi, nengelosi, naba-
negunya, nabanamandhla, nezinto ezikoyo,
nezinto eziza kubako, 39 nobude, nobunzu-
lu, nesinye isidalwa esisimbi, aziyi kuba
nako ukuba zingasahlula elutandweni LUKA-
TIXO, olukuye u-Krestu Yesu INKOSI yetu.

9 NDIYATETA innyaniso ku-Krestu,
andixoki, isazeliso sami sinqìnelana
nami kumoya oyingcwele, 2 ukuba
ndinosizi olukulu, nendandateko enga-
peliyo enkliziyweni yami: 3 ngokuba
bendinganqwenayo ukuba mina ngokwami
bendiyinto eyahlukanisiweyo no-Krestu
ngennxa yabo abazalwana bami, izalamane
zami ngokwennyama: 4 abangama-Sira-
yeli; ekukokwabo ubunyana, nobungcwa-
lisa, nengcebano, nokunikwa kwomteto,
nesikonzo, namadinga; 5 abangababo
oyise, nokuvela kubo u-Krestu ngokwen-
nyama, ONGUTIXO pezu kwonke, edumise-
kilo ngonapakade. Amene.

6 Kungenjengokungati ilizwi LIKATIXO
litshitshile. Ngokuba kungengabo bonke
abavela ku-Sirayeli, abango-Sirayeli: 7
kanjako, abalusapo bonke, ukuba beyinzalo



University of Fort Hare

ka-Abrahame; koko *kusitwa:* Ku-Yisake
iya kubizwa inzalo yako. 8 Oko kukuti,
asi ngabalusapo lwennyama, abalusapo LU-
KATIXO; koko ngabalusapo lwedinga aba-
balelwa ukuba yinzalo. 9 Ngokuba ilizwi
ledinga leli *lokuti:* Ekutwaseni kwelixesha
ndiya kuza, waeya kuti u-Sara abe no-
nyana. 10 Kunge*njalo* ke kodwa; koko
kanjako nxa u-Rebeka ebekauliwe ngom-
nye, ngo-Yisake ubawo wetu; 11 ngo-
kuba, *abantwana* bengekazalwanga, be-
ngenzanga 'nto elungileyo nekohlakeleyo
kanjalo, ukuze imvume KATIXO ngokwo-
qasho ibe nokuma, ingengemisebenzi, koko
ingalowo ubizayo; 12 bekutiwa kuye:
Omkulu wokonza komncinane. 13 Kwa
njengokuba kubàliwe *ukuti:* u-Yakobi
ndamtanda, no-Esau ndamtiya.

14 Soti nina pofu? Kuko ukungalu-
ngisi KUTIXO na?

Kwanga kungebe njalo! 15 Ngokuba
esiti ku-Mosesi: Ndoba netaru kosukuba
endinetaru kuye, ndandiya kuba nenuceba
kosukuba endinenuceba kuye. 16 Ngako
ke, asi kokwotandayo, asi kokwobalekayo
kanjalo, koko kukoKUKATIXO owenza nge-
taru. 17 Ngokuba isibàlo sisiti ku-Faro:
Ndakuvusela kwa kona oku, ukuba kuwe
ndibonakalise amandhla ami, nokuba igama
lami lishunyayelwe emhlabeni wonke. 18
Ngako ke, lowo atandayo, unetaru kuye;
nalowo atandayo, uyamenza lukuni.

19 Pofu wena woti kumi: Usagungqela
nina? ngokuba ngubanina omelana nen-
tando yake?

20 Hai gxebe, mntundini! ungubanina
wena opind' ukupendula KUTIXO? Into eda-
liweyo iya kutsho na koyidalileyo ukuti:
Yinina ukuba wandenza ngokunjalo? 21
Umbumbi akanamandhla pezu kwodongwe
na, ukuba ati ngesimba elikwa linye enze
ennye impahla ibe yenokubekwa, nennye
ibe yengenakubekwa? 22 Kodwa *soti
nina,* ukuba UTIXO, etanda ukubonakalisa
umsindo *wake,* nokuwazisa amandhla
ake, wazinyamezela ngokuzeka kade
okukulu impahla zomsindo sezilungele
intshabalalo: 23 ukuze kanjalo aba-
zise ubutyebi bobungcwalisa bake pezu
kwempahla zetaru, abete kwa pambili
wazilungisela ubungcwalisa, 24 ate ka-
njako wazibiza, kwa tina, bekungekuwo
ama-Juda odwa, bekukubo abaheyideni
nabo? 25 Njengokuba kanjalo esiti
kweka-Hosheha: Ndiya kubiza ngaoantu
bami, abo bebengengabantu bami; nalowo
ngotandiweyo, obengengotandiweyo: 26
kwakuya kuti, endaweni apo bekutiwa
kubo: Aningabo abantu bami; kwa kona
baya kubizwa ngosapo LWOTIXO ohleliyo.
27 Kanjako u-Yisaya uyadanduluka ngo-
Sirayeli *ukuti:* Nangona inani losapo luka-
Sirayeli lingangenklabati yolwandhle, sisi-
salela esiya kusindiswa: 28 ngokuba esi-
gqibela isibuzo, esifinyeza ebulungiseni;
ngokuba isibuzo esifinyezekileyo eya ku-
senza UYEHOVA emhlabeni. 29 Nanjengo-
kuba u-Yisaya etshilo pambili ukuti: Uku-
ba UYEHOVA wemikosi ubengasishiyelanga
inzalo, ngesibe sinjenge-Sodome, ngesibe
sifaniswa ne-Gomora.

30 Soti nina ngoko? Siti abaheyideni,
abebengaputumi ubulungisa, bafumana ubu-
lungisa, kwa ubulungisa obungokolo. 31
Kodwa o-Sirayeli, beputuma umteto wobu-
lungisa, abafikelela umteto wobungcwa-
lisa. 32 Nganina? Ngokokuba bekunge-
ngokolo, bekunjengokungati kungemise-
benzi yomteto *bebebuputuma:* ngokuba
bakùbekayo ngakulo ilitye lokukùbekisa;
33 njengokuba kubàliwe *ukuti:* Bona ke,
ndiyabeka e-Ziyone ilitye lokukùbekisa,
nolwalwa lwokuwisa: kanjalo osukuba
ekolwa kulo akayi kudaniswa.

10 BAZALWANA! ukukanuka kwen-
kliziyo yami nokukunga kwami KU-
TIXO ngennxa yo-Sirayeli, kokwokuba ba-
sindiswe. 2 Ngokuba ndibanqìnela ukuba
banokuzondelela UTIXO, koko kungengoku-
qonda. 3 Ngokuba ubulungisa BUKATIXO
bengabazi nje, nobabo ubulungisa befuna
ukubumisa, abalulamelanga kubo ubu-
lungisa BUKATIXO. 4 Ngokuba u-Krestu
esisipelo somteto bube bubulungisa kubo
bonke abakolwayo.

5 Ngokuba u-Mosesi ebalisa ubulungisa
obungawo umteto, *esiti:* Umntu ozenze
zona uya kupila ngazo. 6 Kodwa ubulu-
ngisa obungokolo buyateta ngokuti: Unga-
tsho enkliziyweni yako ukuti: Ngubanina
oya kunyukela ezulwini? (oko kukuti,
ukuhla no-Krestu:) 7 umhlaumbi: Ngu-
banina oya kuhlela ehadesi? (oko kukuti,
ukunyuka no-Krestu kwabafileyo.) 8 Koko
buti nina? Ilizwi likufupi kuwe, emlo-
nyeni wako, nasenkliziyweni yako: oko
kukuti, ilizwi lokolo esilishumayelayo; 9
lokokuba, xeshekweni uti uxele ngomlomo
wako INKOSI u-Yesu, ukolwe enkliziyweni



iversity of Fort Hare

yako ukuba UTIXO wamvusa kwabafileyo,
uya kusindiswa. 10 Ngokuba ngenkliziyo
kukolwa kube bubulungisa, nangomlomo
kuxelwa kube lusindiswa. 11 Ngokuba
isibàlo sisiti: Osukuba ekolwa kuye akayi
kudaniswa. 12 Ngokuba kungeko ukwa-
hluka pakati kwom-Juda nom-Girike; ngo-
kuba ikwa 'nnye INKOSI yabo bonke, ibu-
tyebi ngakubo bonke ababizayo kuyo: 13
ngokuba bonke abasukuba bebiza egameni
LIKAYEHOVA beya kusindiswa.
14 Pofu boti nina ukubiza kulowo banga-
kolwanga kuye? boti nina nokukolwa kulo-
wo abangamvanga? boti nina nokuva benge-
namshumayeli? 15 Kanjako boti nina uku-
shumayela, xeshekweni bangatunywayo?
njengokuba kubàliwe *ukuti:* Hai ukuba
nkle kwazo innyawo zabo abashumayelayo
indaba ezimnandi zoxolo, abashumayelayo
indaba ezimnandi zezinto ezilungileyo! 16
Kuloko bebengapulapuli bonke kwindaba
ezimnandi ezo. Ngokuba u-Yisaya esiti:
YEHOVA! ngubanina okoliweyo yintshuma-
yelo yetu? 17 Kukona ukolo luvela ngo-
kuva, nokuva ngalo ilizwi LIKATIXO. 18 Ko-
ko ndisiti: Abeva na? Hai gxebe: Inklo-
koma yabo yapumela kuwo wonke umhla-
ba, namazwi abo kwa sezipelweni zelizwe.
19 Koko ndisiti: Abazi na o-Sirayeli? Uku-
qala u-Mosesi uti: Ndonivusela ikwele
pezu kwolungelulo uhlanga; pezu kwo-
hlanga olungenakuqonda ndoniqumbisa. 20
Kodwa u-Yisaya uyakalipa kakulu ati:
Ndafunyanwa ngabo babengandifuni; nda-
bonakaliswa kwabo babengandibuzi. 21
Kodwa ngo-Sirayeli uti: Yonke immini
ndazitwabulula izandhla zami ngaseba-
ntwini abangevayo nabapikayo.

11 NDITI ngako: UTIXO wabalahla na
abantu bake?
Kwanga kungebe njalo! Ngokuba nami
ndingum-Sirayeli, kwinzalo ka-Abrahame,
kwisizwe sika-Benjamine. 2 UTIXO akaba-
lahla abantu bake obebazi kwa pambili.
Anikwazi na oko sikutsho isibàlo kuyo
*imbali* ka-Elija, — okokuba uyakalazela
KUTIXO ngo-Sirayeli, esiti: 3 YEHOVA!
abaprofite bako bababulele, nezibingelo
zako bazicitile; sendisele mina ndedwa,
nobomi bami bayabufuna? 4 Noko iti
nina kuye impendulo KATIXO? Ndizisali-
sele amadoda amawaka asixenxe, lawo
angagobanga 'dolo ku-Bali. 5 Kwa njalo
ke nakwelixesha lakaloku nje kuko isisa-
lela ngokwoqasho lwofefe. 6 Kodwa uku-
ba kungofefe, akusengayo imisebenzi; oka-
nye ufefe alubi selulo ufefe: kodwa ukuba
kungayo imisebenzi, akuseko ufefe; okanye
umsebenzi awusenguwo umsebenzi.
7 Yinina pofu? Oko bakufunayo o-
Sirayeli, oku abakuzuzanga; kodwa aba-
luqashwa bakuzuza; bati abaseleyo baba
lukuni, 8 (njengokuba kubàliwe *ukuti:*
UTIXO wabanika ummoya wokwozela, ame-
hlo okuba bangaboni, nendhlebe zokuba
bangeva;) kwada kwayimmini yanamhla.
9 Naye u-Davide uti: Isitebe sabo mase-
nziwe umgibe, nesibata, nesixakaniso, nem-
pindezelo kubo: 10 amehlo abo makenzi-
we 'mnyama, baza bangaboni; nomhlana
wabo uwugobe pantsi futi.
11 Nditi ngako: Bakùbeka na ukuze
bawe?
Kwanga kungebe njalo! koko ngesiposo
sabo usindiso *luze* kubo abaheyideni, ize
bavuselwe ubukwele. 12 Kodwa ukuba
isiposo sabo sibubutyebi belizwe, *nokuba*
ukuncipa kwabo kububutyebi bababeyideni,
kwoba njalo kangakananina ngakumbi uku-
zaliseka kwabo? 13 Ngokuba nditeta kuni
'bangabaheyideni: ngendawo yokuba ndi-
ngumpostile wabaheyideni, ubukonzi bami
ndiyabudumisa; 14 ukuba kungati ndi-
ngabavusela ubukwele abayinnyama yami,
ndize ndisindise innxennye kubo. 15 Ngo-
kuba ukulahlwa kwabo ukuba kukukuxo-
liswana kwelizwe, *kwoba* yinto nina ukwa-
mkelwa *kwabo,* kupela bubomi *buvuka* eku-
feni? 16 Kanjalo ukuba isiqalo *senklamu*
singcwele, *linjalo* nesimba *layo;* nokuba
ingcambo ingcwele, *anjalo* namasebe.
17 Kodwa ukuba innxennye yamasebe
yapulwa, nawe, ungumnquma wasendhle
nje, wamiliselwa pakati kwawo, waza wa-
belwa kwingcambo nakukutyeba kwom-
nquma kunye *nawo,* 18 ungaqayiseli ama-
sebe. Kodwa ukuba uya*wa*qayisela, asi
nguwe oxasa ingcambo, yingcambo *exasa*
wena. 19 Woti ngako: Amasebe apulwa,
ukuze mina ndimiliselwe. 20 Kulungile ke:
ngennxa yokungakolwa *kwawo* apulwa wona,
nawe umi ngokukolwa *kwako.* Ungaqan-
qalazi, uti woyike: 21 ngokuba lawo anga-
masebe ngemvelo ukuba UTIXO akayekanga
wona, *lumka* hleze kungati angayeki nawe.
22 Kangela ke ngoko ububele nobukali
BUKATIXO: ngakubo abo bawayo, bubukali;
kodwa ngakuwe, bububele, xeshekweni
umana ukuma ebubeleni *bake;* okanye



University of Fort Hare

nawe wonqanyulwa. 23 Ewe nabo bona,
ukuba bati bangamani ukuma ekungako-
lweni *kwabo*, baya kumiliselwa: ngokuba
UTIXO enamandhla ukubamilisela kanjako.
24 Ngokuba wena ukuba wabunqanyulwa
kumnquma ongowasendhle ngemvelo, waza
wamiliselwa emnqunyeni olungileyo ngo-
kungalungelene nemvelo; kwoba kanga-
kananina ngakumbi abaya kuti aba, aba-
*ngamasebe* ngemvelo, bamiliselwe kowabo
umnquma?

25 Ngokuba ndingatandi, bazalwana!
ukuba nibe ningayazi imfihlakalo le, ukuze
ningaziqayiseli ngobulumko; yokokuba
ubulukuni buhlele o-Sirayeli ngennxennye,
kude kungene ukuzaliseka kwabaheyideni;
26 kuze ngokunjalo bonke o-Sirayeli basi-
ndiswe; njengokuba kubàliwe *ukuti:* Kuya
kuvela kwi-Ziyone* lowo ungumkululi,
waeya kusonga ukungabedeshi ku-Yakobi;
27 kanjalo, olu lucebano nabo luvela kumi,
okuya ndizisusayo izono zabo. 28 Ngo-
kwevangeli, bazintshaba ngennxa yenu;
kodwa ngokwoqasho, bangabatandwa ngen-
nxa yoyise: 29 ngokuba zingenakuguqu-
lwa izipo ZIKATIXO nobizo *lwake*. 30 Ngo-
kuba njengokuba nani benifudula ningeva
UTIXO, kodwa kaloku nje nifumene ububele
ngokungeva kwabo aba; 31 kwa njalo naba
kaloku nje abavanga, ukuze ngobubele
obenzelwe nina bona nabo bafumane ubu-
bele. 32 Ngokuba UTIXO ebavalele ndawo-
nye kwa bonke kuko ukungeva, ukuze abo
nobubele ngakubo bonke.

33 Hai ukwendela* kwobutyebi nobu-
lumko nokwazi KUKATIXO! ukungapengu-
luleki kwemigwebo yake, nokungalandeki
kwendhlela zake! 34 Ngokuba ngubanina
owazileyo uluvo LUKAYEHOVA? umhlaumbi
ngubanina omnikileyo icebo? 35 umhla-
umbi ngubanina ompangeleyo ngokupa,
kuze kubuye kuvuzwe yena? 36 Kuba
into zonke zivela kuye, zingaye, zingennxa
yake: kwa kuye *makubeko* ubungewalisa
kude kube ngunapakade. Ameno.

12 NDIYANIKUNGA ngoko, bazalwana!
ngezibele ZIKATIXO, ukuba niyimisele
imizimba yenu ibe lidini elipilileyo, eli-
ngewele, elikolekileyo KUTIXO, okusisikonzo
senu esifanelekileyo: 2 nize ningalinga-
nisani nelilizwe likoyo, niti nibe nenziwe
ngakumbi ngokuhlaziywa kwoluvo lwenu,
ukuba niqiqe into iyiyo intando KATIXO
elungileyo, ekolekileyo, efezekileyo.

3 Ngokuba ndisiti, ngalo ufefe endani-
kwa lona, kubo bonke abakoyo pakati
kwenu, mabangakumbuli ngokupezulu
koko bafanele ukukumbula ngako, koko
mabakumbule ngokutelekelela, njengo-
kuba UTIXO wabele abanye ngabanye isi-
linganiselwa sokolo. 4 Ngokuba kwa
njengokuba sinawo amalungu amaninzi
emzimbeni 'mnye, kanti amalungu aka-
nawo umsebenzi 'mnye onke; 5 kwa
njalo tina, sibaninzi nje, singumzimba 'mnye
ku-Krestu, namalungu omnye nomnye nga-
banye. 6 Kekaloku sinazo izipiwo nge-
zipiwo ngokwofefe esanikwa lona nje,
nokuba bubuprofitesho, *masiprofiteshe* ngo-
kwesaci sokolo *lwetu;* 7 nokuba bubu-
konzi, *masisebenze* ebukonzini *betu:* no-
kuba ngofundisayo, *makahlale* ekufundiseni
*kwake;* 8 nokuba ngoyalayo, ekuyaleni
*kwake:* owabayo, *makenje njalo* ngesisa;
opatayo, ngokukutala; owenza ngobubele,
ngokuewayita.

9 Utando *lwenu* malube lolungazenzi-
siyo. Zondani okukohlakeleyo; namate-
lani kokulungileyo. 10 Ekutandeni aba-
zalwana, yibani nobubele omnye kwomnye;
ekubekeni, yenzani ngokupangelana; 11
ekukutaleni, ninganqeni; zondelelani
emmoyeni; konzani ENKOSINI; 12 vuyani
etembeni; nyamezelani ebunzimeni; zi-
ngisani ekutandazeni; 13 yabelani in-
tswelo zabangewele; nxamelani imbuko
yabasemzini. 14 Tamsanqelisani abo ba-
nitshutshisayo: tamsanqelisani, ningaqale-
kisi ke. 15 Vuyani nabo bavuyayo, nilile
nabo balilayo. 16 Yibani nokuvumelana
omnye nomnye. Ninganyamekeli izinto
ezipakamileyo, niti nitobele kwezitobeki-
leyo. Ningaziqayiseli ngobulumko. 17
Ningavuzi 'mntu ngobubi ngennxa yobubi.
Yazalelelani izinto ezifaneleyo ebusweni
babantu bonke. 18 Ukuba kungenzeka,
maniti okungecala lenu nixolane nabantu
bonke. 19 Ningazipindezeleli ngokwenu,
batandwa! niti niniko indawo kuwo
umsindo; ngokuba kubàliwe *ukuti:* Ku-
kokwami ukupindezela, kwobuyekezwa
ndimi; utsho UYEHOVA. 20 Ngako xeshe-
kweni utshaba lwako lulambayo, lufunzele;
xeshekweni lunxanwayo, lusezo: ngokuba
usenje njalo uya kufumba amalahle omlilo
pezu kwenkloko yalo. 21 Ungoyiswa
kokukohlakeleyo, uti ukwoyise okukohla-
leyo ngokulungileyo.



University of Fort Hare

13 MAYITI yonke imipefumlo ilulamele
kumagunya apezulu *kuyo:* ngokuba
kungeko 'gunya, kupela elivela KUTIXO;
lomagunya akoyo amisiwe NGUTIXO. 2 Yena
ngoko ozimisa ngakulo igunya, uyamelana
nesimiselo SIKATIXO: kanjalo abo bamelayo
baya kuzamkelela umgwebo. 3 Ngokuba
abapati bengesisoyikiso kuyo imisebenzi
elungileyo, basiso kuyo ekohlakeleyo.
Utanda ke na ukuba ungabi nakwoyika
lona igunya? yenza oko kulungileyo,
wauya kuzuza udunyiswa kwa kulo: 4
ngokuba *umpati* engumkonzi KATIXO kuwe
kube kokulungileyo. Kodwa xeshekweni
ukwenza oko kukohlakeleyo, yoyika; ngo-
kuba engafumani apate isirele: ngokuba
engumkonzi KATIXO, umpindezeli kube
ngumsindo kulowo ukwenza okukohlake-
leyo. 5 Ngako oko nifanelwe kukuba
nilulamele, kungengennxa yomsindo ko-
dwa, kungennxa yesazeliso kanjako. 6
Ngokuba ngennxa yoku kanjalo ninikela
iminikelo: ngokuba bengabakonzi BAKA-
TIXO, behlala besebenza kwa lento. 7 Ni-
kelani ngoko kubo bonke oko kufanele
bona: ube ngumnikelo ko*fanele* umnikelo;
ibe yinncamlo ko*fanele* inncamlo; lube
lulwoyiko ko*fanele* ulwoyiko; ibe yim-
beko ko*fanele* imbeko.

8 Ningabi netyala lanto emntwini, ku-
pela libe lelokutandana; ngokuba otandayo
omnye umntu efezile umteto. 9 Ngokuba
oku: Akuyi kurexeza; akuyi kubulala;
akuyi kubà; akuyi kunqìna ubunqina obu-
buxoki; akuyi kunqwenela; nokuba kuko
omnye umyalelo, uyafinyezelwa kwesisi-
teto, kwesokuti: Uya kutanda ummelwane
wako njengokuzi*tanda* kwako. 10 Utando
alwenzeli ummelwane ububi: ngako u-
tando lukukufezwa kwomteto.

11 Nako oku *masikwenze*, silazi ixesha nje,
lokokuba lise lilixeshana lokuba sivuke
ebutongweni: ngokuba kaloku njo usi-
ndiswa lukufupi kuti ngakumbi kokuya
saba ngamakolwa. 12 Ubusuku buza ku-
dhlula; immini ke iyasondela: masiti
ngoko sibeke uxamnye imisebenzi yobu-
mnyama, sambate izixòbo zokukanya. 13
Masihambe ngokufanelekileyo, njengasem-
mini; kungabi ngemihlali yobusuku nango-
kunxila, kungabi ngemipimiso nangobutshi-
nitshini, kungabi ngepike nangozondo. 14
Koko yambatani INKOSI u-Yesu Krestu, nize
ningayazaleleli innyama uku*feza* inkanuko
*zayo.*

14 LOWO ke obutataka elukolweni ma-
mkeleni, kungabi ngennxa yokwa-
hlulwa kwempikiswano *kodwa.* 2 Omnye
uyakolwa kukuba angatya into zonke:
yena kodwa obutataka uyatya imifuno.
3 Otyayo makangamdeli ongatyiyo; ka-
njako ongatyiyo makangamgwebi otyayo:
ngokuba UTIXO emamkele. 4 Ungubanina
wena ugwebayo isicaka somnye? kukuyo
eyaso inkosi ukuma kwaso umhlaumbi
ukuwa kwaso. Kodwa siya kumiswa:
ngokuba UTIXO enamandhla ukusimisa. 5
Omnye uyabuka ennye immini ngapezu
kwennye; omnye uyabuka zonke immini.
Mabati abanye ngabanye bakolise ukuko-
lwa kwezabo izimvo. 6 Oyinonelelayo
immini, uyayinonelelela INKOSI; kanjalo
ongayinoneleliyo immini, akayinoneleleli
INKOSI: otyayo, uyatyela INKOSI, ngokuba
ebulela KUTIXO; kanjalo ongatyiyo, aka-
tyeli INKOSI, ebulela KUTIXO naye. 7 Ngo-
kuba kungeko namnye kuti ozidhlelayo
ubomi ngokwake; kanjako akuko namnye
ozifelayo ngokwake. 8 Ngokuba naxeshe-
kweni sidhlayo ubomi, sibudhlela INKOSI;
naxeshekweni sifayo, sifela INKOSI: ngako
nokuba siyadhla ubomi, nokuba siyafa,
singABENKOSI. 9 Ngokuba ngennxa yoku
u-Krestu wafa, wavuka, wabuya wapila,
ukuba abe yinkosi neyabafileyo neya-
bahleliyo.

10 Kodwa wena, yinina ukuba ugwebe
umzalwana wako? kanjalo nawe, yinina
ukuba udele umzalwana wako? ngokuba
siya kuti sonke sime pambi kwesihlalo so-
kugweba sika-Krestu. 11 Ngokuba kubà-
liwe *ukuti:* Ndihleli nje, utsho UYEHOVA,
otoba kumi onke amadolo, zenze imvumo
KUTIXO zonke ilwimi. 12 Ngako ke sonke
ngabanye sozipendulela KUTIXO.

13 Masingabi sagwebana ngoko: niti
ngokukumbi nigwebe ukuti aniyi kube-
kela umzalwana isikùbekiso nesiwiso. 14
Ndiyazi, ndiyakolwa kanjalo, kuyo INKOSI
u-Yesu, ukuba akuko 'nto encolileyo ngo-
kwayo: kupela kulowo ubalayo into ukuba
incolile, incolile kuyo yena. 15 Kodwa
ukuba ngennxa yokudhla umzalwana wako
uyadaniswa, akusahambi ngokwotando.
Ungambubisi ngokudhla kwako lowo
u-Krestu wamfelayo. 16 Makungagxekwa
ke ukulunga kwenu: 17 ngokuba ubu-
kumkani BUKATIXO bungekukutya nokusela,
bububulungisa, noxolo, novuyo kumoya
oyingcwele. 18 Ngokuba oti kwezizinto





University of Fort Hare

akonze u-Krestu, ekolekile KUTIXO, enoku-
bukwa nangabantu.
19 Ngako ke masiputume izinto zoxolo,
nezinto eziyelela ukumiswana. 20 Unga-
wuciti ngennxa yokudhla umsebenzi KA-
TIXO. Zonke izinto okunene zicocekile;
noko kukohlakele kulowamntu otyayo ngo-
kukùbekisa *omnye*. 21 Kulungile ukuba
ungatyi inyama, nokuba ungaseli iveyine,
nokuba ung*enzi* 'nto ati ngayo umzalwana
wako akùbekiswe, umhlaumbi axakaniswe,
umhlaumbi abe 'butataka. 22 Wena uba
nokolo na? yiba nalo kwa kuwe ngokwako
pambi KWOTIXO. Unetamsanqa lowo unga-
zigwebiyo kuko oko akubukayo. 23 Kodwa
yena otandabuzayo, xeshekweni atyayo
usel' egwetywa, kuba enga*tyi* ngokolo:
nako konke okungengokolo, kusisono.
15 Kanjalo tina banamandhla sifanelwe
kukutwala ubutataka babaswel' ama-
ndhla, singazikolisi. 2 Masiti sonke nga-
banye sikolise abamelwane *betu* ngoko
ku*ba*lungele kube kukumiswa. 3 Ngo-
kuba no-Krestu ebengazikolisi: koko,
njengokuba kubàliwe: Izituko zabo babe-
tuka wena zawa pezu kwami. 4 Ngokuba
konke okube kubàliwe pambili bekubà-
lelwe okwetu ukufundiswa, ukuze siti
ngawo umonde nolwonwabiso lwezibàlo
sibe netemba. 5 Wanga ke UTIXO womo-
nde nolwonwabiso anganinika okokuba
nibe nokuvumelana omnye nomnye nje-
ngokuka-Krestu Yesu: 6 ukuze kwa
ngenkliziyo 'nnye niti ngomlomo 'mnye
nimdumise yena UTIXO noyise WENKOSI
yetu u-Yesu Krestu. 7 Ngako oko yamke-
lanani, njengokuba no-Krestu wasamkela
tina, kube kukudunyiswa KUKATIXO.
8 Nditi kekaloku, u-Yesu Krestu wenzi-
we umkonzi wolwaluko, ngennxa yennya-
niso KATIXO, kuze kuqiniswe amadinga
abebekelwa oyise: 9 bati ke abaheyideni
badumise UTIXO ngennxa yobubele *bake*;
njengokuba kubàliwe *ukuti*: Ngennxa
yoku ndobulela kuwe pakati kwabaheyi-
deni, ndicule egameni lako. 10 Uti
nakanjako: Vuyani, baheyideni! kunye
nabantu bake. 11 Nakanjako: Dumisani
UYEHOVA, nonke nina 'baheyideni! nim-
bonge, nonke nina 'zizwe! 12 Nakanjako,
u-Yisaya uti: Kwobako ingcambo ka-Jese,
novukayo ukuba yinkosi pezu kwabaheyi-
deni; kwa kuyo yona abaheyideni baya
kutemba. 13 Wanga ke UTIXO wetemba
anganizalisa ngalo lwonke uvuyo noxolo
okukolweni, nize nikolise ukwanda ete-
mbeni, ngamandhla omoya oyingcwele.

14 KEKALOKU ndikoliwe ngani, baza-
lwana bami! kwa mina ngokwami, ukuba
nani ngokwenu nizele kukulunga, nizali-
siwe kuko konke ukwazi, ninamandhla oku-
lulekana kanjako. 15 Kodwa ndibàlile ngo-
kukalipileyo ngakumbi kuni, bazalwana!
ngennxennye, njengonikumbuzayo, ngen-
nxa yofefe endanikwa lona NGUTIXO, 16
ukuba ndibe ngumkonzi ka-Yesu Krestu
ukuya kubaheyideni, ndisenza isikonzo
somperisite evangelini KATIXO, ukuze uku-
nikelwa kwabaheyideni kube kukolekile,
kungcwalisiwe ngomoya oyingcwele. 17
Ndingaqayisa ngoko ku-Yesu Krestu nge-
zozinto zilunge KUTIXO. 18 Ngokuba
ndingayi kuka ndilinge ukuteta ngezo-
zinto angazenzanga u-Krestu ngami, kuze
kuviwe ngabaheyideni, ngelizwi nange-
senzo, 19 emandhleni emiqondiso nemi-
mangaliso, emandhleni omoya KATIXO;
ndide ndati kwa kuyo i-Yerusaleme nen-
dawo ezipahlayo kwada kwase-Lirikume,
ndakolisa ukushumayela ivangeli ka-
Krestu; 20 ndizamela kodwa ukuba ndenje
nje ukuyishumayela, kungabi lapo u-Krestu
wa*sele*kankanyelwa kona, ukuze ndingaki
pezu kwokuseka kwomnye umntu; 21
koko, njengokuba kubàliwe: Abo kwa-
kungatyelwanga 'nto ngaye kubo baya
kubona; nabo bangevanga baya kuqonda.
22 Ngako oku kanjalo ndibe nditinte-
lwa futi kangaka ekuzeni kuni. 23 Kodwa
kaloku nje, ndingasenayo indawo kulama-
zwe, ndinesilangazelelo kanjako leminyaka
mininzi sokuba ndize kuni, 24 xeshe-
kweni kusukuba ndihambela e-Sipene,
ndoza kuni: ngokuba nditemba ukunibona
ekudhluleni kwami, nokupelekelelwa nini
ngakona, xeshekweni nditi kuqala ngen-
nxennye ndikoliswe nini. 25 Kodwa kaloku
nje ndiyahambela e-Yerusaleme, ndikonza
abangcwele. 26 Ngokuba kwanga ku-
lungile kwabase-Masedoniya nakwabase-
Akaiya, ukwenzela amahlwempu pakati
kwabangcwele abase-Yerusaleme umnikelo
otile. 27 Kwanga kulungile kubo; kanjalo
banetyala kuwo. Ngokuba abaheyideni
ukuba babelwe izinto zawo ezibumoya,
bafanelwe kuko nokuba bakonze kuwo
ezintweni ezibunyama. 28 Ndiya kuti
ngoko, nxa ndikufezile oku, nanxa ndisi-
qinisele kuwo isiqamo esi, ndibuye ngani



University of Fort Hare

ukuya e-Sipene. 29 Kanjalo ndiyazi uku-
ba ndoti, ndakuza kuni, ndize ekuzaleni
kwetamsanqa levangeli ka-Krestu.
30 Kekaloku ndiyanikunga, bazalwana!
ngayo INKOSI yetu u-Yesu Krestu, nangalo
utando LWOMOYA, ukuba nizame kunye
nami ekunditandazeleni KUTIXO; 31 ukuze
ndihlangulwe kubo abangevayo e-Judeya;
nokuze ukonzo lwami olwenzelwa i-Yeru-
saleme lube lukolekile kwabangcwele; 32
ukuze ndize ngovuyo kuni ngayo intando
KATIXO, ndifumane ukupumla kunye nani.
33 Wanga ke UTIXO woxolo angaba nani
nonke. Amene.

16 NDIYAMAZISA kuni u-Fibi udade
wetu, ongumkonzikazi waserementeni
ese-Kenkriya: 2 ukuze nimamkele ENKO-
SINI ngokufanele abangcwele, nokuba nim-
ncede emcimbini asukuba efuna *ukunceda*
kwenu kuwo: ngokuba yena naye ebe-
ngumsizi wabaninzi, nowami kanjalo.
3 Bulisani u-Pirisila no-Akwila, abase-
benzisi bami ku-Krestu Yesu: 4 abati
ngennxa yobomi bami bazibeka pantsi
ezabo intamo: ekungendimi ndedwa obu-
lelayo kubo, zizo zonke iremente zabaheyi-
deni nazo. 5 Kanjako *bulisani* iremente
esendhlwini yabo. Bulisani u-Epenetusi
umtandwa wami, osisandulelo sase-Akaiya
kuye u-Krestu. 6 Bulisani u-Mariya, o-
wasisebenzela kakulu. 7 Bulisani u-Andro-
nike no-Juniyasi, izalamane zami, nama-
banjwa kunye nami, abadumileyo pakati
kwabapostile, ababeku-Krestu pambili
kumi kanjalo. 8 Bulisani u-Ampiliya
umtandwa wami ENKOSINI. 9 Bulisani
u-Uribane umsebenzisi wetu ku-Krestu,
no-Sitaku umtandwa wami. 10 Bulisani
u-Apelesi, obukiweyo ku-Krestu. Buli-
sani abakwa-Aristobulo. 11 Bulisani
u-Herodiyone isalamane sami. Bulisani
abakwa-Narakiso abasENKOSINI. 12 Buli-
sani u-Tirifena no-Tirifosa, abasebenzayo
ENKOSINI. Bulisani u-Perisi otandiweyo,
owasebenzayo kakulu ENKOSINI. 13 Buli-
sani u-Rufusi oqashiweyo ENKOSINI, na*lo*-
*wo* ungunina wake nowami. 14 Bulisani
u-Sinkirito, u-Filegoni, u-Heremasi, u-Pate-
roba, u-Heremisi, nabazalwana abanabo.
15 Bulisani u-Filologe no-Juliya, u-Nere-
yusi nodade wake, no-Limpasi, nabo bonke
abangcwele abanabo. 16 Bulisanani ngo-
kwanga okungcwele. Iremente zika-Krestu
ziyanibulisa.
17 Kekaloku ndiyanikunga, bazalwana!
ukuba niqqale abo bazenzayo imbamba-
niso nezixakaniso, ngokungalungelene
nofundiso enilufundileyo; nize nibapepe.
18 Ngokuba abanjalo bengakonzi INKOSI
yetu u-Yesu Krestu, koko *bekonza* isisu
sabo; bati kanjalo ngamazwi amnandi
nangeziteto ezibongayo bazilukuhle inkli-
ziyo zabangenamamenemene. 19 Ngokuba
ukuva kwenu kuvakele kubo bonke *abantu*.
Ndiyavuya ngoko pezu kwenu: kodwa
ndinga ningaba ngabalumkileyo ngakuko
okulungileyo, nabangenamaqokolo ngakuko
okukohlakeleyo. 20 Waeya kuti UTIXO
woxolo ahle atyumze u-Satane ngapantsi
kwennyawo zenu. Ufefe LWENKOSI yetu
u-Yesu Krestu malube nani. Amene.
21 U-Timote umsebenzisi wami, no-Lu-
kusi, no-Yasone, no-Sosipatere, izalamane
zami, bayanibulisa. 22 Mina 'Teretusi,
owabàla·*le*nncwadi, ndiyanibulisa ENKOSINI.
23 U-Gayusi, umbuki wami noweremente
yonke, uyanibulisa. U-Erastusi igosa lesi-
xeko uyanibulisa, no-Kwarito umzalwana
*wetu*.
24 Ufefe LWENKOSI yetu u-Yesu Krestu
malube nani nonke. Amene.
25 Kekaloku kulowo unamandhla okuni-
qinisa njengokwevangeli yami nokushu-
nyayelwa kuka-Yesu Krestu, njengokwo-
kutyilwa kwemfihlakalo, ebitiwe ewaka
emaxesheni akudala, 26 ete kodwa yabo-
nakaliswa kaloku nje, yaziswa ngazo izi-
bàlo zabaprofite, njengokwomyolelo wake
UTIXO ongunapakade, kuzo zonke inklanga
kube kukuva kwokolo: 27 KUTIXO oku-
pela kwolumkileyo, ngaye u-Yesu Krestu,
okuye *makubeko* ubungcwalisa kude kube
ngunapakade. Amene.



University of Fort Hare

EYOKUQALA

## INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMAKORINTE.

### ISAHLUKO I.

UPAULUSI, obiziweyo *ukuba* ngumpo-
stile ka-Yesu Krestu ngayo intando
KATIXO, no-Sositene umzalwana *wetu*. 2
kubo abayiremente KATIXO ese-Korinte,
abangcwalisiweyo ku-Krestu Yesu, aba-
biziweyo *ukuba* ngabangcwele, kunye nabo
bonke ababizayo egameni LENKOSI yetu
u-Yesu Krestu kuzo zonke indawo, kwa
neyabo neyetu *in-Kosi*: 3 Ufefe malube
kuni, noxolo, luvela kuye UTIXO ubawo
wetu, NENKOSI u-Yesu Krestu.
4 Ndiyabulela KUTIXO wami ngamaxe-
sha onke ngani, ngenuxa yofefe LUKATIXO
enaninikiwe lona ku-Krestu Yesu; 5 ukuba
nanite ezintweni zonke natyetyiswa kuye,
kuko konke ukuteta nako konke ukwazi;
6 njengokuba ubunqina buka-Krestu bebu-
qiniswa pakati kwenu: 7 nide ninga-
sweli nasinye isipiwo; nilinda ukutyilwa
KWENKOSI yetu u-Yesu Krestu: 8 oya kuti
kanjalo aniqinise kude kube sekupeleni,
ningenakunikwa ityala emhleni WENKOSI
yetu u-Yesu Krestu. 9 Unyanisekile
UTIXO, enite ngaye nabizelwa ebudhlela-
neni bonyana wake u-Yesu Krestu INKOSI
yetu.

10 KEKALOKU ndiyanikunga, baza-
lwana! ngalo igama LENKOSI yetu u-Yesu
Krestu, ukuba nibe nokuteta okukwa kunye
nonke, ize zingabiko impambano pakati
kwenu, kodwa nibe nizalisekile kolukwa
lunye uluvo nakwekwa 'nnye ingcingo. 11
Ngokuba kuxeliwe kumi ngani, bazalwana
bami! ngabaka-Kiloyi, ukuba kuko ama-
pike pakati kwenu. 12 Into nditeta yona
ke, yeyokuba kutshiwo nini ngabanye
ukuti: Mina ndingoka-Paulusi; nokuti:
Mina ndingoka-Apolosi; nokuti: Mina
ndingoka-Kefasi; nokuti: Mina ndingoka-
Krestu. 13 Wahlukile na u-Krestu?
u-Paulusi ubenikuruseshelwe na? okunye
nibe nibapitizeshelwe na egameni lika-
Paulusi? 14 Ndiyabulela KUTIXO ukuba
ndingabapitizeshanga namnye wakuni,
kupela u-Krisipo no-Gayusi; 15 ukuze
kungabiko 'mntu otshoyo ukuti ndabapi-
tizeshela kwelami igama. 16 Ndabapi-
tizesha kodwa nabendhlu ka-Stefana: oku-
pezu kwoku, andazi ukuba ndabapitizesha
omnye umntu kusinina.
17 Ngokuba u-Krestu engandítumanga
ukuba ndibapitizeshe, koko *wanditumayo*
ukuba ndiyishumayele ivangeli: kungabi
ngabulumbo bokuteta, ukuze ikuruse ka-
Krestu ingenziwa into engento yanto. 18
Ngokuba ukuteta kwekuruse kububudenge
kwababubayo, kodwa kungamandhla KATIXO
kuti 'basindiswayo. 19 Ngokuba kubàliwe
*ukuti*: Ndobububisa ubulumko bamalumko,
nengqondo yezazi ndoyitshabalalisa. 20
Lipina ilumko? upina umbàli? upina um-
pikisi welilizwe likoyo? UTIXO akabenzanga
ubulumko belizwe eli bube bubudenge na?
21 Ngokuba emvenikweni ebulumkweni
BUKATIXO ilizwe belingamazanga UTIXO
ngabo ubulumko *balo*, kwakolisa UTIXO
ukuti ngabo ubudenge bokushumayela
asindise abakolwayo: 22 ngokokuba ama-
Juda abiza umqondiso, nama-Girike afuna
ubulumko; 23 kodwa tina sishumayela
u-Krestu ekuruseshiwe; isixakaniso ku-
ma-Juda, nobudenge kuma-Girike; 24
kodwa kwababiziweyo, kwa nama-Juda
nama-Girike, u-Krestu engamandhla KA-
TIXO, nobulumko BUKATIXO. 25 Ngokuba
okubudenge BUKATIXO kulumkile ngapezu
kwabantu; nokubutataka BUKATIXO una-
mandhla ngapezu kwabantu.
26 Ngokuba nibona ukubizwa kwenu,
bazalwana! ukuba asi ngabaninzi abalu-
mkileyo ngokwennyama, asi ngabaninzi
abanamandhla, asi ngabaninzi abayimi-
duna: 27 koko izinto ezibudenge zelizwe
wazinyula UTIXO, ukuze adanise abalumki-
leyo; nezinto ezibutataka zelizwe wazi-
nyula UTIXO, ukuze adanise izinto ezomele-
leyo; 28 nezinto ezimnyama zelizwe,
nezinto ezidelekileyo, wazinyula UTIXO, ne-



University of Fort Hare

zinto ezingekoyo ukuze atshabalalise izinto
ezikoyo; 29 kuze kungabiko namnye
umntu oqayisayo ebusweni bake. 30 Ko-
dwa ngaye yena nina nikuye u-Krestu
Yesu, owenzelwa tina ubulumko buvela
KUTIXO, kwa nobulungisa, nengewaliso,
nokululo: 31 ukuze, njengokuba kubà-
liwe: Lowo uqayisayo makaqayise KU-
YEHOVA.

2 NAMI ndakuza kuni, bazalwana!
andeza ndishumayela kuni ubunqìna
BUKATIXO ngobungangamsha bokuteta no-
bobulumko. 2 Ngokuba ndagweba ukuti
andiyi kuyazi nento pakati kwenu, kupela
u-Yesu Krestu, naye lo ekuruseshiwe. 3
Kanjako ndabendiko kuni ebutatakeni,
nasekwoyikeni, nasekututumeleni oku-
ninzi. 4 Kwaye ukuteta kwami noku-
shumayela kwami bekungengamazwi ace-
ngayo obulumko babantu, bekungokubona-
kaliswa KWOMOYA nokwamandhla: 5 ukuze
ukolo lwenu lungemi ebulumkweni baba-
ntu, koko *lume* emandhleni KATIXO.

6 Kanti siyateta ubulumko pakati kwa-
bafezekileyo; kodwa ubulumko obunge-
bubo obelilizwe likoyo, obungebubo noba-
bapati belilizwe likoyo, abatshabalalayo:
7 koko sibuteta ubulumko BUKATIXO em-
fihlakalweni, obo bufihlelweyo, owabete
UTIXO pambili engekabiko amaxesha aku-
dala wabumisela ubungewalisa betu: 8
okungeko namnye wabapati belilizwe li-
koyo obazileyo: ngokuba bona ukuba be-
bebazile, ngebengayikuruseshanga INKOSI
yobungewalisa. 9 Koko, njengokuba ku-
bàliwe: Izinto ezingabonwanga liliso,
nezingaviwanga yindhlebe, nezingangena-
nga enkliziyweni yomntu, *zezi* izinto UTIXO
azilungiselo abo bamtandayo. 10 Kodwa
UTIXO uzityilile kuti ngaye UMOYA wake:
ngokuba UMOYA epengulula izinto zonke,
ewe, kwa izinto ezinzulu ZIKATIXO. 11
Ngokuba ngubanina pakati kwabantu owa-
ziyo izinto zomntu, kupela ngummoya
womntu okuye? ngokunjalo nezinto ZIKA-
TIXO akuko namnye ozaziyo, kupela ngu-
moya KATIXO. 12 Tina kodwa asiwamke-
langa ummoya welizwe, koko *simamkele*
umoya ovela KUTIXO; ukuze sizazi ezozinto
sizipiweyo NGUTIXO. 13 Esiti kanjalo si-
tete kwa zona, kungengamazwi afundisi-
weyo bubulumko babantu, kungalawo afu-
ndisiweyo ngumoya oyingcwele, silingani-
sela izinto ezibumoya ngezinto ezibumoya.

14 Kodwa umntu wokuvela akazamkeli
izinto zomoya KATIXO; ngokuba zibubude-
nge kuye; kanjako akangezazi, kuba ziqi-
qwa ngokWOMOYA. 15 Kodwa lowo ungo-
WOMOYA uyaziqiqa zonke izinto, kanti yena
ngokwake akaqiqwa 'mntu. 16 Ngokuba
ngubanina owazileyo uluvo LUKAYEHOVA,
ukuba uya kumfundisa? Kodwa tina si-
nalo uluvo luka-Krestu.

3 NAMI, bazalwana! bendingetete kuni
njengakubo ABOMOYA, koko njengakubo
abennyama, njengakuzo intsana ku-Krestu.
2 Ndaniseza ubisi, anda*namkelisa* ukudhla:
ngokuba nibe ningekabi namandhla *oku-
kwamkela*; ewe nakaloku nje anikabi na-
mandhla. 3 Ngokuba nisengabo aben-
nyama: ngokuba ekubeni kukoyo pakati
kwenu uzondo, nepike, nembambaniso,
aningabennyama na, nihamba nokuhamba
njengokwabantu? 4 ngokuba okuya ati
omnye: Mina ndingoka-Paulusi; nomnye:
Mina ndingoka-Apolosi; aningabo na
abennyama?

5 Ngubanina pofu u-Paulusi, ngubanina
no-Apolosi, kupela ukuba ngabakonzi ena-
kolwayo ngabo, kwa njengokuba INKOSI
yabanika ngabanye? 6 Mina ndatyala,
u-Apolosi wanyela, koko NGUTIXO owamili-
sayo. 7 Kwa njalo ke notyalayo akaluto,
nonyelayo akaluto; eyona 'nto NGUTIXO
omilisayo. 8 Kanjako otyalayo nonyelayo
banye; kodwa omnye nomnye uya kwa-
mkela owake umvuzo ngokwowako um-
sebenzi. 9 Ngokuba singabasebenzisi BA-
KATIXO: nina niyintsimi KATIXO, nisisakiwo
SIKATIXO.

10 Ndite ngokwofefe LUKATIXO enda-
nikwa lona, njengomakisi olumkileyo,
ndabeka umsekelo, uti ke omnye ake
pezu *kwawo*. Kodwa mabalumke bonke
ngabanye ukuba bati nina ukwaka pezu
*kwawo*. 11 Ngokuba kungeko 'mntu onga-
bekayo omnye umsekelo ngapandhle kwa-
lowo omiyo, oba ngu-Yesu Krestu. 12
Kekaloku ukuba umntu uyaka pezu kwa-
lomsekelo igolide, isilivere, amatye anqa-
bileyo, imiti, isikota, indiza; 13 umsebenzi
wabanye ngabanye uya kubonakaliswa:
ngokuba umhla lowo uya kuwuhlakazela,
kuba utyilwa emlilweni; nomsebenzi wa-
banye ngabanye umlilo lowo wowulinga
ukuba ungowanina. 14 Ukuba umsebenzi
womntu usahlala, awakileyo pezu *kwawo*,
uya kwamkela umvuzo. 15 Ukuba umse-



University of Fort Hare

benzi womntu uya kutshiswa, uya kulahle-
kelwa *ngumvuzo:* kanti yena ngokwake uya
kusindiswa; ngokunjalo kodwa njengase-
kucandeni umlilo.
16 Anazi na ukuba niyitempile KATIXO,
nokuba umoya KATIXO umi kuni? 17 Uku-
ba umntu uyonakalisa yona itempile KA-
TIXO, UTIXO uya kwonakalisa kwa yena
lowo; ngokuba itempile KATIXO iyingcwele,
eniyiyo nina.
18 Makungabiko namnye ozilukuhlayo.
Ukuba kuko umntu oba ulilumko pakati
kwenu kwelilizwe likoyo, makabe sisi-
denge, ukuze abe lilumko. 19 Ngokuba
ubulumko belizwe eli bububudenge pambi
KWOTIXO. Ngokuba kubàliwe *ukuti:* Uya-
bamba amalumko ebuqokolweni bawo:
20 nakanjako: UYEHOVA uyazazi izicama-
ngo zamalumko, ukuba ziyinto enge-
udawo.
21 Kwa njalo ke makungabiko namnye
oqayisayo ebantwini. Ngokuba zonke
izinto zizezenu; 22 nokuba ngu-Paulusi,
nokuba ngu-Apolosi, nokuba ngu-Kefasi,
nokuba lilizwe, nokuba bubomi, nokuba
kukufa, nokuba zizinto ezikoyo, nokuba
zizinto eziza kubako; zonke zizezenu;
23 nani, ningabaka-Krestu; no-Krestu,
ungoKATIXO.

4 MAKATI umntu enje njalo ukubalela
tina, njengokuba singabakonzi baka-
Krestu namagosa emfihlakalo ZIKATIXO. 2
Kanjako kufunelwa emagoseni, ukuba um-
ntu afunyanwe enyanisekile. 3 Kodwa
kumi yinto encinanana ukuba ndibuzwe
nini, umhlaumbi ngumbuzo wabantu; ewe
nami andizibuzi ngokwami: 4 ngokuba
ndingazeli nanto ngakumi; noko akungako
oku endigwetyelweyo: kodwa lowo undi-
buzayo UYINKOSI. 5 Kwa njalo ke ninga-
gwebi into lingekabiko ixesha, ide ifike
INKOSI, eya kuti nezinto ezifihlakeleyo zo-
bumnyama azizise ekuhleni, namaqinga
enkliziyo awabonakalise: bandule oko
bonke ngabanye babe nodunyiswa *lwabo*
KUTIXO.
6 Kekaloku ezizinto bazalwana! ndizi-
gnqulele kwa kumi no-Apolosi ngokuzeke-
lisa ngenxa yenu, ukuze niti kuti nifunde
ukuba ningakumbuli ngokupezulu kwoko
kubàliweyo, ize ningavutelani omnye nge-
cala lomnye ngakuye wumbi. 7 Ngokuba
ngubanina okwenza wahluke? kanjalo
yinto nina unayo ongayamkelanga? kodwa
ukuba wayamkela, uqayisela nina, njengo-
kungati akwayamkela?
8 Nise nihlutisiwe, nise nityebile, ni-
pete ubukosi ngapandhle kwetu: he,
anaba napata ubukosi! ukuze nati sipate
ubukosi kunye nani. 9 Ngokuba ndisiba
UTIXO usivelisile tina 'bapostile sibe ngabo-
kugqibela, njengabo bamiselweyo ukufa:
kuba senziwe isibonelo kulo ilizwe, na-
kuzo ingelosi nakubo abantu. 10 Tina
sizizidenge ngenxa ka-Krestu, kodwa
nina ningabalumkileyo ku-Krestu; tina
sibutataka, kodwa nina nomelele; nina
ninokubekwa, kodwa tina sinokudelwa.
11 Siti kude kube kwelixeshana likoyo
silambe, sinxanwe, sihambe zé, sinklitekwe,
singabi nandawo yokuhlala eqinileyo, 12
sizame sisebenza ngezetu izandhla: situ-
kwa nje, siyatamsanqelisa; sitshutshiswa
nje, siyanyamezela; 13 sigxekwa nje,
siyabongoza: senziwe njengenkunkuma
yelizwe, *njeng*enkutu yezinto zonke, kwada
kwakaloku nje.
14 Andizibàli ezizinto kuni ukunenzela
inkloni, kodwa njengabantwana bami aba-
tandiweyo ndiyaniluleka. 15 Ngokuba,
nangona ningaba nabo abondhleli abali-
shumi lamawaka ku-Krestu, ningenabo
oyise abaninzi noko: ngokuba ku-Krestu
Yesu ndanizalayo mina ngayo ivangeli.
16 Ndiyanikunga ngoko, yibani ngabala-
ndeli bami.
17 Ngenxa yoku ndimtumile kuni u-
Timote, ongumntwana wami otandiweyo,
onyanisekileyo ENKOSINI kanjalo, oya kuni-
kumbuza indhlela zami ezikuye u-Krestu,
njengokuba ndifundisayo ezindaweni zo-
nke kuzo zonke iremente. 18 Kekaloku
inxennye bavutelene, njengokungati be-
ndingezi kuni. 19 Kodwa ndohla ndize
kuni, xeshekweni INKOSI itandayo, ndazi
ke, kungabi lilizwi labo bavuteleneyo,
kube ngamandhla. 20 Ngokuba ubuku-
mkani BUKATIXO *bungemi* elizwini, koko
*bumi* emandhleni. 21 Kukupina enikuta-
ndayo? ndize kuni ndinentonga, *ndize*
ngotando nangomoya wolulamo, kusi-
nina?

5 KUKOLISILE ukuvakala ukuti umbulo
upakati kwenu, ewe umbulo onjalo
ukuba awukankanywa napakati kwabahe-
yideni, wokokuba umntu *wakuni* unaye
umfazi kayise. 2 Nani ke nivutelene, ni-
ngatanga nje ngokukumbi nalilela, ukuze



University of Fort Hare

akweleliswe kwa pakati kwenu lowo wase-
nzayo isenzo esi. 3 Ngokuba mina oku-
nene, njengokuba ndingeko ngomzimba,
kodwa ndiko ngommoya, ndise ndigwe-
bile, njengokungati bendiko, *ngaye* lowo
owenje njalo ukwenza oku, 4 egameni LEN-
KOSI yetu u-Yesu Krestu, nihlanganisene
nje nina, kwa nommoya wami, kunye na-
mandhla ENKOSI yetu u-Yesu Krestu, 5
ukunikela onjalo ku-Satane kube kukubu-
jiswa kwennyama, ukuze ummoya usindi-
swe emhleni WENKOSI u-Yesu.

6 Akulungile ukuqayisela kwenu.
Anazi na ukuba igwele elincinane liya-
bilisa lonke isimba lenklama? 7 Gecani
ngoko nipumise igwele elidala, ukuze nibe
lisimba lenklama elitsha, njengokuba ni-
ngabo abangenagwele. Ngokuba ipasika
yetu nayo isibingelwe, kwa u-Krestu. 8
Kwa njalo ke masenze umtendeleko,
kungabi ngalo igwele elidala, kungabi
nangalo igwele lolunya nobumenemene,
kube ngesonka esingenagwele sobunene
nennyaniso.

9 Ndibàlile kuni ennewadini *yami* ukuba
maningakolani nabapimisi: 10 kungabi
kanti ngokukanye nabapimisi belizwe eli,
'mhlaumbi namabawa, 'mhlaumbi naba-
pangi, 'mhlaumbi nabakonzi bezitixo; ngo-
kuba oko nifanele ukupuma elizweni ke. 11
Kodwa kaloku ndibàlile kuni ukuba mani-
ngakolani *naye*, xeshekweni umntu obizwa
ngegama lomzalwana anguye umpimisi,
'mhlaumbi olibawa, 'mhlaumbi umkonzi
wezitixo, 'mhlaumbi umtuki, 'mhlaumbi oli-
nxila, 'mhlaumbi umpangi; onjalo maninga-
ke nidhlelane naye. 12 Ngokuba kuyinto
nina kumi ukuba nabapandhle ndibagwe-
be? Abapakati anibagwebi na nina? 13
Kodwa abapandhle UTIXO uyabagweba.
Ize nikwelelise lo*mntu* okohlakeleyo kwa
kuni nina.

6 KUKO na owenu, enendawo ngakuye
omnye, olinga ukuti amangale pambi
kwabangalungileyo, anga*mangali* pambi
kwabangcwele? 2 Anazi na okokuba
abangcwele boligweba ilizwe? Kekaloku
ukuba lona ilizwe liyagwetywa ngani,
nikohliwe na ngamatyala amancinanana?
3 Anazi na okokuba siya kugweba inge-
losi? kangakananina ngakumbi ke izinto
zobubomi? 4 Xeshekweni ngoko ninawo
amatyala ezinto zobubomi, bahlaliseni abo
bangenakubekwa ermenteni ukuba aba
*babe ngabagwebi.* 5 Ndiyateta *oku* nize
nibe nenkloni. Kunjalo na, ukuba akuko
kwa namnye umntu olumkileyo pakati
kwenu, ongalamlayo pakati kwabazalwana
bake? 6 Hai, umzalwana uyamangalelana
nomzalwana, esenje njalo ke pambi kwa-
bangakoliweyo. 7 Sekuko ngoko isiposo
kanye pakati kwenu, ukuba ninamatyala
omnye nomnye. Yinina ukuba ngokuku-
mbi ningazivumeli ukwoniwa? yinina
ukuba ngokukumbi ningazivumeli ukulu-
mkiswa? 8 Hai, niti nina none nilumkise,
ewe kwa nabazalwana *benu.*

9 Anazi yinina, okokuba abonayo abayi
kulidhla ilifa lobukumkani BUKATIXO? Ize
ningakohliswa ke: kwa nabapimisi, naba-
konzi bezitixo, nabarexezi, namahenyu, na-
balala namadoda, 10 namasela, namabawa,
namanxila, nabatuki, nabapangi, abayi
kulidhla ilifa lobukumkani BUKATIXO. 11
Naye nibe ningabanjalo nina innxen-
nye: koko nibe nihlanziwe, koko nibe
ningcwalisiwe, koko nibe nigwetyelwe
egameni LENKOSI u-Yesu, nakumoya KATIXO
wetu.

12 Zonke izinto ndizivunyelwe, koko
zingezizo zonke izinto ezi*ndi*lungeleyo;
zonke izinto ndizivunyelwe, koko ndingayi
kubanjwa ngapantsi kwamandhla ento
nannye. 13 Izinto zokudhla zezesisu,
nesisu sesezinto zokudhla; kanti UTIXO
wotshabalalisa kwa nesi nezo. Umzimba
kodwa awungowombulo, ungowENKOSI;
NENKOSI yeyomzimba. 14 Kanjalo UTIXO
wayivusa INKOSI, waeya kuvusa kwa nati
ngawo amandhla ayo. 15 Anazi na ukuba
imizimba yenu ingamalungu ka-Krestu?
Ndiya kutabata amalungu ka-Krestu ke
na, ndiwenze amalungu ompinyiswa?
Kwanga kungebe njalo! 16 Anazi yinina,
okokuba lowo unamatelayo kumpinyiswa
ungumzimba 'mnye? ngokuba esiti: Abo
'babini boba yinnyama 'nnye. 17 Kodwa
lowo unamatelayo KWINKOSI ungummoya
'mnye. 18 Balekani umbulo. Zonke izono
asukuba ezenza umntu, zingapandhle
kwomzimba; kodwa owenza umbulo, uyo-
nela owake umzimba. 19 Anazi yinina,
okokuba umzimba wenu uyitempile yo-
moya oyingcwele okuni, eninaye evela
KUTIXO, nokuba aningabenu? 20 Ngokuba
benitengiwe ngenani: dumisani ke ngoko
UTIXO emzimbeni wenu, nasemmoyeni
wenu, oyeKATIXO *yomibini.*



University of Fort Hare

7 KEKALOKU ezozinto enabàla ngazo
kumi: Kulungele umntu ukuba anga-
pati umfazi. 2 Kodwa ngenxa yemibulo,
mayiti indoda 'nnye ibe nowayo umfazi,
ati umfazi 'mnye abe neyake indoda. 3
Indoda mayinikele emfazini ububele obum-
faneleyo; makenje njalo ke nomfazi endo-
deni. 4 Umfazi akanamandhla pezu kwo-
wake umzimba, koko yindoda; kwa njalo
ke nendoda ayinamandhla pezu kwowayo
umzimba, koko ngumfazi. 5 Ize ningalu-
mkisani, kupela umhlaumbi kube lixesha
elitile ngokuvumelana, ukuze nizuze ituba
lokuzila ukutya nelokutandaza; nandul'
ukubuya nihlangane ndawonye, ukuze u-
Satane anganilingi ngenxa yokuba ninge-
nabuncatu. 6 Oku kodwa ndiyakuteta
ngendawo yokuvumela, kungengendawo
yokuyolela. 7 Ngokuba nditanda ukuba
bonke abantu babe njengokuba ndinjalo
nami. Koko bonke ngabanye banesabo
isipiwo sivela KUTIXO, omnye ngokunje,
omnye ngokunjalo.

8 Kekaloku nditi kwabangatshatileyo
nakwabahlolokazi: Kubalungele xeshe-
kweni bahlala kwa njengami. 9 Ukuba
kodwa abanabuncatu, makutshatwe: ngo-
kuba kulungile ukutshata ngapezu kwo-
kutsha. 10 Nabo batshatileyo ndiyaba-
yalela, ndingendimi *noko*, YINKOSI, ukuba
umfazi makangahlukani nendoda: 11 ko-
dwa xeshekweni aka ahlukane *nayo*,
makahlale engendi, umhlaumbi makaxoli-
swane nendoda *yake*: nokuba indoda
mayingalahli umfazi.

12 Kekaloku abanye nditi mina kubo,
ingeyiyo INKOSI: Ukuba kuko umzalwana
oba nomfazi ongakolwayo, ati yena avume
ukuhlala naye, makangamlahli. 13 Ka-
njalo umfazi osukuba enendoda engako-
lwayo, iti yona ivume ukuhlala naye,
makangayilahli. 14 Ngokuba indoda enga-
kolwayo yenziwe ngcwele emfazini, nom-
fazi ongakolwayo wenziwe ngcwele en-
dodeni: okanye abantwana benu bancolile;
kanti kaloku bangcwele. 15 Kodwa ukuba
lowo ongakolwayo uyazahlula, makaza-
hlule ke. Umzalwana umhlaumbi udade
akabekwa ebukonzweni ezintweni ezinjalo:
kodwa UTIXO usibizile *sibe* seluxolweni.
16 Ngokuba usazi nganina, mfazi! ukuba
akuyi kusindisa indoda *yako?* umhlaumbi
uyazi nganina, ndoda! ukuba akuyi kusi-
ndisa umfazi *wako?*
17 Kupela, njengokuba UTIXO wababela
bonke ngabanye, njengokuba INKOSI iba-
bizile bonke ngabanye, mabahambe kwa
njalo. Ndiyamisela nangokunjalo kuzo
zonke iremente. 18 Kuko na owabi-
zwa engowalukileyo? makangazenzi onga-
lukileyo. Kuko na owabizwa eseku-
ngalukini, makangaluki. 19 Ukwaluka
akuluto, nokungaluki akuluto; eyona 'nto
kukugcinwa kwemiyalelo KATIXO. 20
Mabati bonke ngabanye bahlale kwa koko-
kubizwa ababebizwa kuko. 21 Waubizwa
elikoboka na? zungakatali kuko: koko
xeshekweni ungaka wenziwe okululeki-
leyo, kupate *kona* ngakumbi: 22 ngokuba
lowo ENKOSINI obebizwa elikoboka, e-
ngumkululekiswa ka-Krestu: kwa njalo
nobebizwa engokululekileyo, ulikoboka
lika-Krestu. 23 Benitengiwe ngenani; ize
ningabi ngamakoboka abantu. 24 Mabati
bonke ngabanye, bazalwana! bahlale pambi
KWOTIXO kwa koko*kuhlala* ababebizwa kuko.

25 Kekaloku intombi zipela andinawo
umyolelo WENKOSI ngazo: kodwa ndiyanika
ingcingo *yami*, njengowamkeleyo ububele
KWINKOSI ukuba ngonyanisekileyo. 26
Nditi ngoko kulungile oku ngenxa yobu-
nzima obukoyo,—kulungele umntu ukuba
njalo. 27 Ubotshelwe emfazini na? zu-
ngafuni ukukululwa. Ukululwe emfazini
na? zungafuni umfazi. 28 Kodwa xeshe-
kweni uka uzeke, akwonanga; kanjako
intombi xeshekweni yendayo, ayonanga.
Noko abanjalo boba nembandezelo ennya-
meni: mina kodwa ndiyaniyeka.

29 Kodwa oku ndiyakutsho, bazalwana!
ixesha lifinyezelwe oko kuseleyo; ukuze
bati abo banabafazi, babe njengokuba be-
ngenabo; 30 bati abalilayo, babe njengo-
kuba bengalili; bati abavuyayo, babe nje-
ngokuba bengavuyi; bati abatengayo,
babe njengokuba bengafuyi; 31 bati aba-
patayo ilizwe eli, babe njengokuba benga-
lipati ngokugqitileyo: ngokuba isimilo
selizwe eli sidhlula. 32 Kodwa ndifuna
ukuba nibe ningenazo inkatalelo. Onga-
zekileyo uyakatalela izinto ZENKOSI, ukuba
woti nina ukukolisa INKOSI: 33 kodwa
ozekileyo uyakatalela izinto zelizwe, uku-
ba woti nina ukukolisa umfazi *wake*. 34
Kuko *kanjalo* ukwahluka pakati kwomfazi
nentombi. Ongendileyo uyakatalela izinto
ZENKOSI, ukuze abe ngcwele nasemzimbeni
nasemmoyeni: kodwa owendileyo uyaka-
talela izinto zelizwe, ukuba woti nina
ukukolisa indoda *yake*. 35 Nako oku



University of Fort Hare

ndiyakutsho kube kokwenu ukuncedwa;
kungekukuba ndipose isisinga pezu kwenu,
kukuba kubeko okufanelekileyo, nokuba
kunyanyekelwe INKOSI kungenakubideka.
36 Kodwa ukuba kuko oba uyenza ngo-
kungafanelekileyo ngakuyo intombi yake
ipela, xeshekweni isel' ingene ebunkaza-
neni, nokuba kufanele ukuba njalo, ma-
kenze ngokutanda kwake; akoni: maku-
tshatwe. 37 Kodwa lowo umiyo eqinile
enkliziyweni *yake*, enganyanzelwa 'nto,
enamandhla nje pezu kweyake intando,
ogwebile njalo enkliziyweni yake ukuti
uya kugcina yona intombi yake ipela,
uyalungisa. 38 Kwa njalo ke nalowo
owendisayo uyalungisa; kodwa lowo unge-
ndisiyo uyalungisa ngakumbi.
39 Umfazi ubotshiwe ngumteto lonke
ixesha indoda yake isahlala ngalo; kodwa
xeshekweni indoda yake ifile, ukululekile
ukwenda kulowo atandayo; kupela ENKO-
SINI. 40 Kodwa unetamsanqa elikulu nga-
kumbi xeshekweni ahlala njalo, ngokwe-
yami ingcingo: kanjako ndiba ndinomoya
KATIXO kwa nami.

8 KEKALOKU ngazo izinto ezibinge-
lweyo izitixo, siyazi ukuba sinokwazi
sonke. Ukwazi kuyavutelanisa, kodwa
utando luyamisa. 2 Ukuba ke umntu uba
uyayazi into, akakazi 'luto njengokuba
efanele ukulwazi. 3 Kodwa ukuba umntu
uyamtanda UTIXO, yena lo uyaziwa nguye.
4 Kekaloku ngako ukutyiwa kwezinto
ezibingelweyo izitixo ke, siyazi ukuba
isitixo asinto yanto elizweni, nokuba akuko
UTIXO wumbi, kupela 'mnye. 5 Ngokuba
nangona kukoyo aba-kutiwa ngotixo, no-
kuba basezulwini, nokuba basemhlabeni,
(njengokuba kuko otixo abaninzi, nenkosi
ezininzi,) 6 noko kuti *kuko* UTIXO 'mnye,
UYISE, okuvela kuye izinto zonke, nati tina
singennxa yake; NENKOSI 'nnye, u-Yesu
Krestu, *okubako* ngaye izinto zonke, nati
tina singaye. 7 Kuloko kungekubo bonke
okukwazi: ngokuba innxennye ngokwa-
zela isitixo, kwa kude kube kaloku nje,
besitya njengokungati yinto ebingelweyo
isitixo; nesazeliso sabo, sibutataka nje,
siyadyojwa.
8 Kodwa ukudhla akusikolekisi KUTIXO:
ngokuba naxeshekweni sityayo, singagqi-
tiseli; naxeshekweni singatyiyo, singanci-
peki. 9 Lumkani kodwa hleze kungati
eligunya lenu libe sisikùbekiso kubo aba-
butataka. 10 Ngokuba, xeshekweni umntu
akubonayo wena onokwazi uhleli pantsi
etempileni yesitixo, singayi kuti na isa-
zeliso sake, ebutataka nje, somelezelwe
ukuba kutyiwe izinto ezibingelweyo izi-
tixo; 11 aze abube umzalwana obutataka
ngokwazi kwako, lowo u-Krestu wafa
ngennxa yake? 12 Kodwa nisona njalo
ngakubo abazalwana, nidubula nokudu-
bula isazeliso sabo esibutataka nje, niyona
ngakuye u-Krestu. 13 Ngako oko ukuba
ukudhla kuyaxakanisa umzalwana wami,
andisayi kutya innyama napakade, ukuze
umzalwana wami ndingamxakanisi.

9 ANDINGUYE na umpostile? andi-
nguye na okululekileyo? andimbonanga
na u-Yesu Krestu INKOSI yetu? aninguwo
na umsebenzi wami ENKOSINI nina? 2
Ukuba andingumpostile kwabanye, noko
ndinjalo kambe kuni: ngokuba isincama-
tiselo sobupostile bami sinini ENKOSINI. 3
Kuko oku ukuzitetelela kwami kubo aba-
ndibuzayo: 4 Asinalo na igunya lokutya
nokusela? 5 asinalo na igunya lokutabata
nati udade ongumfazi, njengabo nabanye
abapostile, nabazalwana BENKOSI, no-Kefasi?
6 umhlaumbi mina ndedwa no-Banabasi
asinalo na igunya lokuba singasebenzi?
7 Ngubanina oka akonze njengesodati
ngokwake ukuvuza? ngubanina otyalayo
isitiya semiti yeveyine, aze angatyi kwizi-
qamo zaso? umhlaumbi ngubanina owalu-
sayo umhlambi, aze angatyi kwamasi om-
hlambi? 8 Ndiziteta ezizinto njengokwa-
bantu na? awuziteti ezizinto umteto nawo
kusinina? 9 Ngokuba kubàliwe emte-
tweni ka-Mosesi *ukuti:* Akukuyifaka um-
kala inkabi yakubula. UTIXO uyakatala
zinkabi na? 10 utsho ngennxa yetu ka-
nye kusinina? ewe ngennxa yetu kwabà-
lwa *oku:* ukuba olimayo efanele ukulima
ngetemba; nobulayo *efanele ukubula* nge-
temba lokwamkela kwitemba lake. 11
Ukuba tina sanihlwayelela izinto ezibu-
moya, yinto enkulu na ukuba tina siya ku-
vuna izinto zenu ezibunyama? 12 Ukuba
abanye bayamkela kw*eli*gunya pezu kwenu,
*asamkeli kulo* tina kakulu ngakumbi ke
na? Noko asilipatanga igunya eli; kuloko
zonke izinto sizinyamezela, ukuze singe-
nzeli ivangeli ka-Krestu into etintelayo.
13 Anazi na, okokuba abo basebenzayo
ezintweni ezingcwele bayatya kokwete-
mpile; *nokuba* abo balindayo esibingelweni



University of Fort Hare

bayahlulana nesibingelo? 14 Kwa njalo
NENKOSI yamisela abo bashumayelayo iva-
ngeli, ukuba bapile ngokwevangeli.
15 Kodwa mina andipatanga nannye
yezizinto; kanjako andibàlanga ezizinto,
ukuze kwenziwe njalo kumi: ngokuba
kulungele mina ukuba ndife, ngapezu
kwokuba asuke umntu alwenze uqayiselo
lwami into engento yanto. 16 Ngokuba
xeshekweni ndishumayelayo ivangeli, andi-
nako ndingaqayisa ngako: ngokuba ndi-
bekelwa unyanzelo; hai kanjalo ilishwa
lami, xeshekweni ndingayishumayeli iva-
ngeli! 17 Ngokuba lento ukuba ndiya-
yenza ndivuma, ndinawo umvuzo; kodwa
ukuba *ndiyayenza* ndingavumi, ndipatisiwe
ubugosa. 18 Uyinto nina ngoko umvuzo
wami? Ngowokuba nditi ekushumayeleni
ivangeli ndiyenze ivangeli ka-Krestu inga-
melwa 'nto, ukuze ndingalipati igunya
lami evangelini ngokugqitileyo.
19 Ngokuba ndikululekile nje kubo bo-
nke, ndazenza isicaka kubo bonke noko,
ukuze ndizuze abaninzi ngakumbi. 20
Ndaza ndati kuma-Juda ndaba njengom-
Juda, ukuze ndizuze ama-Juda; kubo
abapantsi kwomteto *ndaba* njengopantsi
kwomteto, ukuze ndibazuze abapantsi
kwomteto; 21 kubo abangenamteto *ndaba*
njengongenamteto, (ndingengongenamteto
KUTIXO, ndipantsi kwomteto ku-Krestu,)
ukuze ndizuze abangenamteto. 22 Kubo
ababutataka ndaba njengobutataka, ukuze
ndibazuze ababutataka: sendiba zinto zonke
kubo bonke, ukuze nditi ngendawo zonke
ndisindise innxennye. 23 Oku ke ndiya-
kwenza ngennxa yevangeli, ukuze nda-
belwe kuyo kunye *nabo*.
24 Anazi na ukuba abo babalekayo em-
jikelezweni bayabaleka bonke ke, kodwa
uba mnye owamkela umvuzo? Yenzani
njalo ukubaleka, ukuba nizuze. 25 Ka-
njako bonke abazamayo ezindhlalweni ba-
yenza ngobuncatu ezintweni zonke. Keka-
loku bona abo ke *bayazama* ukuze bamkele
isitsaba esonakalayo, kodwa tina *ukuze
samkele* esingonakaliyo. 26 Mina ngoko
ke ndiyenje njalo ukubaleka, njengokuba
kungengendawo engabonakaliyo; ndiyenje
njalo ukulwa, njengokuba ndingabeti um-
moya: 27 koko ndiwubulala umzimba
wami, ndiwukonzise, hleze kungati, nda-
kuba ndishumayele kwabanye, ndibe mina
ngokwami ndingowaliwayo.

10 KEKALOKU anditandi ukuba nibe
ningazi, bazalwana! okokuba obawo
betu bonke bebepantsi kwelifu, nokuba
bonke bacanda ulwandhle; 2 nokuba bo-
nke babapitizeshelwa ku-Mosesi elifini
naselulwandhleni; 3 nokuba bonke batya
okukwa kunye ukudhla okubumoya; 4 no-
kuba bonke basela olukwa lunye uselo
olubumoya; ngokuba bebesela kwiliwa
elibumoya libapeleka; laye iliwa elo lingu-
Krestu. 5 Kuloko into emninzi yabo UTIXO
wabengakoliswa ngabo: ngokuba bebewi-
swa pantsi enklango.
6 Kekaloku ezizinto zenzeka ukuba yi-
milinganiselo kuti, ukuze ke tina singaka-
nukeli izinto ezikohlakeleyo, njengokuba
nabo bona bebekanuka. 7 Kanjako mani-
ngabi ngabakonzi bezitixo, njengokuba
*bebenjalo* innxennye yabo; njengokuba ku-
bàliwe *ukuti*: Bahlala pantsi abantu ukutya
nokusela, baza besuka ukudhlala. 8 Ka-
njako masingenzi umbulo, njengokuba
innxennye yabo bebesenza umbulo, baza
bawa emmini 'nnye amawaka angama-
shumi mabini anamatatu. 9 Kanjako ma-
singamlingi u-Krestu, njengokuba nen-
nxennye yabo bebelinga, baza babujiswa
zinnyoka. 10 Kanjako maningarori, nje-
ngokuba nennxennye yabo beberora, baza
babujiswa ngumtshabalalisi. 11 Kekaloku
ezizinto zonke zibe zihlela bona abo ukuba
yimilinganiselo: zaza zabàlelwa ukulule-
kwa kwetu, tina sifikelweyo zizipelo zeli-
zwe elikoyo. 12 Ngako oko lowo uba
umi, makalumke ukuba angawi.
13 Akuko 'silingo esinibambileyo, ku-
pela sesobuntu; kodwa unyanisekile UTIXO,
ongayi kuvumela ukuba nilingwe ngoku-
pezulu kwamandhla enu; koko eya kuyenza
kwa kunye nesilingo nendhlela yokupuma,
ukuba nibe namandhla okunyamezela.
14 Ngoko ke, batandwa bami! balekani
kuyo inkonzo yezitixo. 15 Ndiyateta
njengakubo abalumkileyo; yahlulani nina
into endiyitetayo. 16 Indebe yobulelo
esibulela yona, asi bubo na ubudhlelana
begazi lika-Krestu? Isonka esisiqezulayo,
asi bubo na ubudhlelana bomzimba buka-
Krestu? 17 Kuba sisisonka sinye, singum-
zimba 'mnye tina singabaninzi; ngokuba
sisamkela sonke kwesosonka sinye. 18
Kangelani o-Sirayeli ngokwennyama: abo
bayityayo imibingo abanabudhlelana nesi-
bingelo na? 19 Nditi nina pofu? nditi
na isitixo siyinto? umhlaumbi nditi na oko



University of Fort Hare

kubingelweyo isitixo kuyinto? 20 *Hai;*
koko nditi izinto abazibingayo abaheyi-
deni, bayazibingela idemoni, benga*zibinge*li
UTIXO: kekaloku anditandi ukuba nibe
nobudhlelana nedemoni. 21 Aningesele
indebe YENKOSI, nendebe yedemoni; aninga-
mkele kwitafile YENKOSI, nakwitafile yede-
moni. 22 Sivusela INKOSI ubukwele kusini-
na? sinamandhla amakulu kwawayo yinina?
23 Zonke izinto zindivunyelwe, koko
zingezizo zonke izinto ezi*ndi*lungeleyo:
zonke izinto zindivunyelwe, koko zinge-
zizo zonke izinto ezimisayo. 24 Makunga-
biko namnye ofuna okwake, mabati bonke
ngabanye *bafune* okwomnye. 25 Konke
okutengiswayo endaweni yokutengela in-
nyama kutyeni, ningabuzi 'nto ngennxa
yesazeliso: 26 ngokuba umhlaba ngoKA-
YEHOVA, nokuzala kwawo. 27 Ukuba ke
owakubo abangakoliweyo uyanibiza, niti
nina nitande ukuya, konke okubekwayo
pambi kwenu kutyeni, ningabuzi 'nto
ngennxa yesazeliso. 28 Kodwa xeshe-
kweni kuko oti kuni: Yinto ebingelweyo
isitixo le; ningatyi ke, ngennxa yalowo
waxelayo, nangennxa yesazeliso: ngokuba
umhlaba ngoKAYEHOVA, nokuzala kwawo:
29 nditi ke *ngennxa* yesazeliso, singesesako
nje, sisesalomnye; ngokuba kuyinina uku-
ba inkululeko yami igwetywe sisazeliso
esingesesami? 30 Ukuba ke mina ngofefe
ndiyamkela ku*ko*, yinina ukuba ndigxe-
kwe ngennxa yoko ndibulela kona?
31 Ngako nokuba niyatya, nokuba
niyasela, nokuba niyenza ennye into,
konke kwenzeleni ubungcwalisa BUKA-
TIXO. 32 Yibani ningenzi ngokukùbekisa,
nakuma-Juda, nakuma-Girike, nakuyo
iremente KATIXO: 33 kwa njengokuba
nami ndibakolisa bonke kuko konke,
ndingafuni nje okwami ukunceedwa, koko
okwabo abaninzi, ukuze basindiswe.
11 Yibani ngabalandeli bami, kwa njengo-
kuba nami *ndingumlandeli* ka-Krestu.

2 KEKALOKU ndiyanincoma, baza-
lwana! ukuba nindikumbula ngento zo-
nke, nokuba nizibamba izinikelwa, kwa
njengokuba bendizinikele kuni. 3 Kodwa
ndifuna ukuba nikwazi, okokuba inkloko
yamadoda onke ingu-Krestu: kanjalo inklo-
ko yomfazi, yindoda; nenkloko ka-Krestu,
NGUTIXO. 4 Indoda esukuba itandaza um-
hlaumbi iprofitesha, inento enklokweni,
iyahlazisa inkloko yayo. 5 Kodwa umfazi
osukuba etandaza umhlaumbi eprofitesha,
onkloko ingenasigqubutelo, uyahlazisa in-
kloko yake: ngokuba *oko* kukwa yiyo into
ekwa 'nnye nokuguywa kwake. 6 Ngokuba
umfazi ukuba akagqubuteli, makagugulwe
kanjalo: kodwa ukuba kuyinto embi kum-
fazi ukuba agugulwe umhlaumbi aguywe,
makagqubutele. 7 Ngokuba indoda oku-
nene ingafanelwa kukugqubutela inkloko,
ingumfanekiso nobungcwalisa BUKATIXO
nje: kodwa umfazi ububungcwalisa ben-
doda. 8 Ngokuba indoda ingaveli emfa-
zini, koko umfazi evela endodeni. 9 Ngo-
kuba kanjalo indoda ibingadalwanga
ngennxa yake umfazi, koko umfazi *wada-
lwa* ngennxa yayo indoda. 10 Ngennxa
yoku yena umfazi ufanelwe kukuba abe
*nopau* lwamandhla pezu kwenkloko *yake*
ngennxa yazo ingelosi. 11 Noko ke,
indoda ayingapandhle kwomfazi, nomfazi
akangapandhle kwendoda, ENKOSINI. 12
Ngokuba ke njengokuba yena umfazi evela
kuyo indoda, kwa njalo nayo indoda ingaye
umfazi; kodwa izinto zonke zivela KUTIXO.
13 Yahlulani nina ngokwenu: kufane-
lekile na ukuba umfazi atandaze KUTIXO
engenasigqubutelo nje? 14 Kwa kona
okwemvelo akunifundisi kusinina, ukuba
indoda xeshekweni inennwele ezinde,
kulihlazo kuyo, 15 kodwa umfazi xe-
shekweni anennwele ezinde, kububu-
ngcwalisa kuye? ngokuba innwele *zake*
zinikwe kuye zibe sisigubungelo.
16 Kodwa ukuba umntu unga uyatand'
ukupika, asinalo isiko elinjalo tina, azi*nalo*
neremente ZIKATIXO kanjako.
17 Kekaloku lento endi*ni*yalelayo, andi-
*ni*ncomi; kuba ukuhlangana kwenu ninga-
*hlanganeli* okulungileyo ngakumbi, koko
nihlanganela okubi ngakumbi. 18 Ngo-
kuba ukuqala ke, nakuba nihlangana enkla-
nganisweni, ndisiva ukuba ziko impambano
pakati kwenu; kanjalo ndiyakolwa kuko
ngokwennxennye: 19 ngokuba kufanele
nokuba izahlukano zibe pakati kwenu,
ukuze ababukwayo babonakaliswe pakati
kwenu.
20 Nakuba ngoko nihlangana ndawonye,
akuko ukutya isidhlo sokuhlwa SENKOSI.
21 Ngokuba ekutyeni omnye uyapangela
omnye ukutabata esake isidhlo sokuhlwa;
aze lo alambe, nalowo anxile. 22 Pofu ani-
nazo izindhlu zokuba kutyiwe kuselwe
kona yinina? niyadela iremente KATIXO,
nidanise abasweleyo, kusinina? Nditi nina



University of Fort Hare

biko impambano emzimbeni, koko ati
amalungu afane ukukatalelana kwawo.
26 Kanjalo nokuba kuyeva inklungu ilu-
ngu linye, kuyeva inklungu onke ama-
lungu kunye *nalo*; nokuba kuyenzelwa
ubungewalisa ilungu linye, kuyavuya onke
amalungu kunye *nalo*.
¶ 27 Kekaloku nina ningumzimba ka-
Krestu, namalungu omnye ngomnye. 28
Kanjako abanye UTIXO ubabekile ereme-
nteni, ngokwokuqala abapostile, ngokwe-
sibini abaprofite, ngokwesitatu abafundisi,
emva kwoko imimangaliso, kamva izipiwo
zokupilisa, intsizo, impato, inklobo *ngen-
klobo* zenteto. 29 Ngabapostile bonke
na? ngabaprofite bonke na? ngabafundisi
bonke na? *ngabenzayo* imimangaliso bonke
na? 30 banezipiwo zokupilisa bonke na?
bayateta ngez*innye* inteto bonke na? baya-
kumsha bonke na?
31 Kodwa zondelelani izipiwo ezilu-
ngileyo ngakumbi: kanti ndisanibonisa
indhlela egqitisileyo ngokulunga.

13 NAKUBA nditeta ngenteto zabantu
nezengelosi, kodwa ndingenalo utando,
sendiyixina ehlokomayo, umhlaumbi yisi-
mbali ekenceezayo. 2 Kanjalo nakuba ndi-
*nesipiwo* sokuprofitesha, ndiqonda nemfi-
hlakalo zonke, nako konke ukwazi; ewe
nakuba ndinalo lwonke ukolo, ndide ndizi-
shenxise intaba, kodwa ndingenalo utando,
ndiyinto enganto. 3 Kanjalo nakuba ndi-
yaba yonke impahla yami ngokufunzela
*amahlwempu*, ewe nakuba ndiwunikela
umzimba wami ukuze nditshiswe, kodwa
ndingenalo utando, andincedwa luto.
4 Utando lunokuzeka kade, lunobubele;
utando alunozondo; utando aluzidhli,
aluvutelani, 5 alwenzi ngokungafaneleki-
leyo, alufuni okwalo, alunakucapukiswa,
alutelekeleli ububi; 6 aluvuyeli okunga-
lungileyo, kodwa luyavuya kunye nayo
innyaniso; 7 luyanyamezela izinto zonke,
luyakolwa zizinto zonke, luyatemba izinto
zonke, lunomonde ezintweni zonke.
8 Utando alutshitshi napakade: kodwa
nokuba ziziprofitesho, ziya kutshabalala;
nokuba zinteto, ziya kupela; nokuba
kukwazi, kuya kutshabalala. 9 Ngokuba
sisazi ngokwennxennye, kanjalo siprofi-
tesha ngokwennxennye. 10 Kodwa xe-
shekweni kufika oko kufezekileyo, kuya
kwandula oko kungokwennxennye ku-
tshabalale. 11 Xeshekweni ndibe ndi-
ngumntwana, ndanditeta njengomntwana,
ndandikumbula njengomntwana, ndandi-
telekelela njengomntwana; kodwa ngoku
sendiyindoda nje, ndizibekile nxamnye
izinto zobuntwana. 12 Ngokuba kaloku
nje sibona ngayo innewadi ekusiteni,
kodwa oko *sobona* ubuso 'ngakubo 'ubuso:
kaloku nje ndiyazi ngokwennxennye, ko-
dwa oko ndiya kwazi ngokukolisekileyo,
njengokuba kanjalo bendisaziwa ngokuko-
lisekileyo.
13 Kodwa kaloku nje kuhleli ukolo,
itemba, utando, ezizinto zontatu; kanti
eyona inkulu pakati kwezi lutando.

14 PUTUMANI utando; niti noko nizo-
ndelele *izipiwo* ezibumoya, kodwa ngo-
kukulu ukuba niprofiteshe. 2 Ngokuba
otetayo ngez*innye* inteto engateti ebantwini,
koko *eteta* KUTIXO: ngokuba kungeko 'mntu
*om*vayo; kodwa emmoyeni uyaziteta imfi-
hlakalo. 3 Kodwa oprofiteshayo uyateta
ebantwini okumisayo, nokuyalayo, nokutu-
tuzelayo. 4 Otetayo ngez*innye* inteto, uya-
zimisa yena; kodwa oprofiteshayo uyamisa
iremente. 5 Kekaloku nditanda ukuba nina
nonke nitete ngez*innye* inteto, kodwa
ngakumbi ukuba niprofiteshe: ngokuba
emkulu lowo uprofiteshayo kulowo utetayo
ngez*innye* inteto, ukuba kanti akakumshi,
ukuze iremente yamkele ukumiswa.
6 Kodwa kaloku, bazalwana! xeshe-
kweni ndiza kuni nditeta ngez*innye* inteto,
ndonincéda 'nto nina, xeshekweni ndingayi
kuteta kuni 'mhlaumbi ekutyileni, 'mhlau-
mbi ekwazini, 'mhlaumbi ekuprofitesheni,
'mhlaumbi ekufundiseni? 7 Kwa nezinto
ezingenakudhliwa kwobomi zisenza inklo-
koma, nokuba ngumlozi, nokuba luhadi,
noko, xeshekweni zingenzi ukwahluka
ekuhlokomeni, kwotiwa nina ukwaziwa oko
kulozwayo umhlaumbi oko kubetwayo
ngohadi? 8 Ngokuba kanjako xeshekweni
ixilongo liyenza inklokoma engavekiyo,
ngubanina oya kuzilungisela ukulwa?
9 Kwa njalo nani, xeshekweni ningawapi-
miseli ngolwimi amazwi aqondekayo, kwo-
tiwa nina ukwaziwa oko kutetwayo? ngo-
kuba niya kuba niteta ngasemmoyeni. 10
Kungaba kuko inklobo ezininzi kangaka
zamazwi elizweni, nekungeko nalinye lazo
elingenakuvakala. 11 Xeshekweni ngoko
ndingakwazi ukutsho kwelizwi, ndoba
ngumsomi kulowo utetayo, naye otetayo
*woba* ngumsomi kumi.



University of Fort Hare

12 Kwa njalo nani, ekubeni nizondelele
*izipiwo* ezibumoya, zifuneni ukuba nigqi-
tisele kuze kube kukumiswa kwerementе.
13 Ngako oko otetayo nge*nnye* inteto
makatandaze ukuba akumshe. 14 Ngo-
kuba xeshekweni nditandaza nge*nnye*
inteto, ummoya wami utandaza, kodwa
ingqondo yami iputile. 15 Yinto nina
ngoko? Ndiya kutandaza ngommoya *wami*,
kodwa ndiya kutandaza ngengqondo *yami*
nayo: ndiya kucula ngommoya *wami*,
kodwa ndiya kucula ngengqondo *yami*
nayo. 16 Okanye xeshekweni ubule-
layo ngommoya, woti nina lowo uhleliyo
endaweni yongenalufundo ukutsho ukuti
Amene ekubuleleni kwako, into uyitetayo
engayazi nje? 17 Ngokuba wena okunene
ulungisa ukubulela, koko yena omnye
engamiswa. 18 Ndiyabulela KUTIXO wami,
ndinidhlula nonke ngokuteta nge*zinnye*
inteto: 19 noko enklanganisweni nditanda
ukuba nditete amazwi abe mahlanu ngayo
ingqondo yami, ukuze ndibafundise na-
banye, ngapezu kwokuba *nditete* amazwi
abe 'mawaka alishumi nge*nnye* inteto.

20 Bazalwana! ningabi ngabantwana
ekuqondeni: noko elunyeni yibani nje-
ngentsana, kodwa ekuqondeni yibani nga-
bakulileyo. 21 Kubàliwe emtetweni *ukuti*:
Ngabelwimi zimbi, nangemilomo yasem-
zini, ndiya kuteta kwababantu; kodwa
noko abayi kundipulapula, utsho UYEHOVA.
22 Kwa njalo ke *ezinnye* inteto azingum-
qondiso kwabo bakolwayo, zinguwo kwa-
bangakoliweyo: kodwa isiprofitesho asi-
yinto yabangakoliweyo, siyinto yabo bako-
lwayo. 23 Xeshekweni ngoko iremente
yonke ihlangana ndawonye, bati bonke
batete nge*zinnye* inteto, kuze kungene
abangenalufundo, umhlaumbi abangakoli-
weyo, abaya kutsho na ukuti niyageza?
24 Kodwa xeshekweni bonke baprofite-
shayo, kuze kungene umntu ongakoliweyo
umhlaumbi ongenalufundo, uyaviswa ityala
ngabo bonke, uyagwetywa ngabo bonke;
25 kuti ngokunjalo izinto ezifihlakeleyo
zenkliziyo yake zibonakaliswe; waeya
kuti ngokunjalo awe ngobuso abedeshe
UTIXO, eshumayela ukuba UTIXO upakati
kwenu ngokwennyaniso.

26 Yinto nina ngoko, bazalwana? Okuya
nihlanganayo, uti omnye nomnye wenu
abe neculo, abe nemfundiso, abe ne*nnye*
inteto, abe nesityilo, abe nesikumsho.
Mazenziwe zonke izinto kuze kube kuku-
miswa. 27 Ukuba ke kuko otetayo nge*nnye*
inteto, *makube* ngababini, umhlaumbi nga-
bangagqiti abatatu, *makube* nangokulande-
lana; ati omnye akumshe. 28 Kodwa
xeshekweni kungeko ikumsha, makati
cwaka enklanganisweni; azo azitetele yena
NOTIXO. 29 Abaprofite ke mabatete ababini
umhlaumbi abatatu, bati abanye bahlule.
30 Kodwa xeshekweni kwenziwa isityilo
kwomnye ehleli kona, owokuqala makati
cwaka. 31 Ngokuba ningaprofiteshayo
nonke omnye ngomnye, ukuze bonke
bafunde, nokuba bonke bonwatyiswe. 32
Kanjako ummoya wabaprofite ululamela
kubaprofite. 33 Ngokuba UTIXO engengo-
wesipitipiti, ungowoxolo, njengakuzo zonke
iremente zabangcwele.

34 Abafazi benu mabati cwaka ezinkla-
nganisweni: ngokuba kungavunyelwanga
bona ukuba batete, koko *kuyalelwe* ukuba
babe sekululameni, njengokuba usitsho
nomteto. 35 Nokuba bayafuna ukufunda
into, mababuze ekaya kwawabo amadoda:
ngokuba kuyinto embi kubafazi ukuba
batete enklanganisweni.

36 Ilizwi LIKATIXO lapuma kuni yinina?
leza kufika kuni nedwa kusinina? 37 Uku-
ba kuko umntu oba ungumprofite umhlau-
mbi ungobumoya, makavume izinto endi-
zibàlayo ukuba ziyimiyalelo YENKOSI. 38
Kodwa ukuba umntu akanakwazi, makabe
engenakwazi. 39 Ngako oko, bazalwana!
zondelelani ukuprofitesha; nokuteta nge-
*zinnye* inteto ningakwaleli. 40 Mazenziwe
zonke izinto ngokufanelekileyo nanjengo-
kumiselweyo.

15 NDIYANAZISA, bazalwana! ivangeli
endayishumayelayo kuni,—kwa leyo
enayamkelayo, nenimiyo kuyo, 2 nenisi-
ndiswa ngayo,—ngesanina isiteto endayi-
shumayelayo kuni, ukuba niyayibamba,
ukuba kanti anifumane nakolwa. 3 Ngokuba
ndandinikela kuni ukuqala, oko endati
kanjalo ndakwamkela, ukuba u-Krestu
wafela izono zetu, njengokwezibàlo; 4 no-
kuba wancwatywa, nokuba uvukile ngom-
hla wesitatu, njengokwezibàlo; 5 nokuba
wabonakala ku-Kefasi, wandula *wabonakala*
kwabalishumi linababini: 6 wati kamva
wabonakala kwabazalwana abapezulu kwa-
bangamakulu mahlanu ngexesha linye,
abati into enninzi yabo bahlale kude kube
kaloku nje, kodwa inmxennye balele kukufa.
7 Wati kamva wabonakala ku-Yakobi;



University of Fort Hare

wandula *wabonakala* kubapostile bonke.
8 Waza wati emveni kwabo bonke, nje-
ngakulowo uzelweyo lingekabiko ixesha,
wabonakala nakumi. 9 Ngokuba mina
ndingomncinane kubo bonke abapostile,
ondingafanelekile ukuba ndibizwe ngom-
postile, ngennxa yokuba ndayitshutshisa
iremente KATIXO. 10 Kodwa ngofefe LUKA-
TIXO ndikoko endikuko: nofefe lwake *olwe-
nzelwa* mina alwaba yinto engendawo; koko
ndagqitisayo kubo bonke ngokusebenza
kakulu: ndingendimi kodwa, lufefe LUKA-
TIXO olube lukunye nami. 11 Nokuba
ngoko ndimi, nokuba ngabo bona, kunjalo
ukushumayela kwetu, bekunjalo nokuko-
lwa kwenu.

12 Kekaloku ukuba u-Krestu uyashu-
nyayelwa ukuba uvukile kwabafileyo, bati
nina innxennye pakati kwenu ukuti akuko
'kuvuka kwabafileyo? 13 Kodwa ukuba
akuko 'kuvuka kwabafileyo, u-Krestu naye
akavukanga ke: 14 nokuba u-Krestu aka-
vukanga, kukona iyinto engendawo intshu-
mayelo yetu, iyinto engendawo nenkolo
yenu. 15 Ewe kanjalo siyafunyanwa si-
ngamanqìna abuxoki KATIXO; kuba sasinqì-
nile ngaye UTIXO ukuba wamvusa u-Krestu;
ote akamvusa, ukuba kambe abafileyo
abavuki. 16 Ngokuba abafileyo ukuba
abavuki, u-Krestu naye akavukanga ke:
17 nokuba u-Krestu akavukanga, yinto
engendawo inkolo yenu; nisesezonweni
zenu. 18 Kukona nabo balala kukufa ku-
Krestu batshabalala. 19 Ukuba sinoku-
temba ku-Krestu kokukudhliwa kwobomi
kupela, singabakedamelekayo ngapezu
kwabantu bonke.

20 Kodwa kaloku u-Krestu uvukile kwa-
bafileyo, waba sisandulelo sabo balele ku-
kufa. 21 Ngokuba ekubeni ukufa *kwezayo*
ngaye umntu, *kweza* ngaye umntu noku-
vuka kwabafileyo. 22 Ngokuba njengo-
kuba ku-Adame bonke bafayo, kwa njalo
ku-Krestu bonke baya kudhliswa ubomi.
23 Kodwa omnye nomnye ngokwake uku-
cwangciswa: u-Krestu esisandulelo; kamva
abaka-Krestu, ekufikeni kwake. 24 Kwa-
ndul' *ukubako* isipelo, okuya abunikeleyo
ubukumkani kuye UTIXO noyise, okuya
atshabalalisile bonke ubupati nalo lonke
igunya namandhla. 25 Ngokuba efanele
ukupata ubukumkani, ade azibeke zonke
intshaba *zake* ngapantsi kwennyawo zake.
26 Utshaba lwokugqibela olutshatyalali-
swayo kukufa. 27 Ngokuba *kusitwa*: Uzi-
bekile pantsi zonke izinto ngapantsi kwen-
nyawo zake. Kodwa okuya atshoyo ukuti
zonke izinto zibekiwe pantsi, kusekuhleni
ukuba kungapandhle kwalowo owabeka
pantsi zonke izinto kuye. 28 Kanjalo
okuya zonke izinto zibekiwe pantsi kuye,
uya kwandula NONYANA ngokwake abekwe
pantsi kulowo owabeka pantsi zonke izinto
kwa kuye, ukuze UTIXO abe zinto zonke
kubo bonke.

29 Okanye baya kwenza 'nto nina abo
babapitizeshelwa abafileyo? Ukuba abafi-
leyo abavuki nakanye, yinina ke ukuba
bayabapitizeshelwa abafileyo? 30 Yinina
ukuba nati sisemgcipekweni amaxeshana
onke? 31 Ngennyaniso, luqayiso endinalo
pezu kwenu kuye u-Krestu Yesu INKOSI
yetu, nditi imihla ngemihla ndife! 32
Ukuba ndati njengokwabantu ndalwa
namaramncwa e-Efese, kundinceda 'nto
nina *oko*? Ukuba abafileyo abavuki, Masi-
tye sisele, ngokuba sisiti ngomso sife.
33 Ize ningakohliswa ke: Izincoko eziko-
hlakeleyo ziyonakalisa izimilo ezilungileyo.
34 Qabukani ngokulungileyo, nize ningo-
ni; ngokuba innxennye bengenakumazi
UTIXO: ndiyateta *oku* nize nibe nenkloni.

35 Koko kuya kuti umntu: Batiwa nina
abafileyo ukuvuswa? kanjako bayeza
ngomzimba onjanina? 36 Sidenge! lonto
uyihlwayelayo wena ayenzelwa ubomi,
xeshekweni ingafi: 37 nalonto uyihlwa-
yelayo, akuhlwayeli esosibili esiya kubako,
koko *uhlwayela* ukozo lulodwa, kungaba
lolwennqolowa, umhlaumbi lolwennye ye-
zinnye *imbewu*: 38 kodwa UTIXO uyanika
kulo isibili njengokuba etandile, nakuzo
zonke imbewu ngezinnye ezazo izibili.
39 Yonke innyama ayikwa yiyo yona in-
nyama: koko kuko ennye innyama yabantu,
ennye innyama yenkomo, ennye yenklanzi,
ennye yentaka. 40 Kuko kanjalo imizi-
mba yasezulwini, nemizimba yasemhla-
beni: koko ubungcwalisa beyasezulwini
buyinto eyodwa, nobeyasemhlabeni bu-
yinto eyimbi. 41 Kuko obunye ubu-
ngcwalisa belanga, nobunye ubungcwalisa
bennyanga, nobunye ubungcwalisa ben-
kwenkwezi: ngokuba inkwenkwezi isa-
hluka kwinkwenkwezi ngobungcwalisa.

42 Kukwa njalo nokuvuka kwabafileyo.
Uyahlwayelwa ekuboleni; uyavuswa eku-
ngaboli: 43 uyahlwayelwa ekudelekeni;
uyavuswa ebungcwaliseni: uyahlwayelwa
ebutatakeni; uyavuswa emandhleni: 44 u-



University of Fort Hare

yahlwayelwa ungumzimba obupefumlo ;
uyavuswa ungumzimba obumoya. Kuko
umzimba obupefumlo ; kuko kanjako um-
zimba obumoya. 45 Kwa njalo ke kubà-
liwe *ukuti :* Owokuqala umntu u-Adame
waba ngumpefumlo obudhla ubomi ; owo-
kugqibela u-Adame *waba* ngumoya obunika
ubomi. 46 Kuloko okubumoya kunge-
kokwokuqala, kukokubupefumlo ; okubu-
moya kokwasemva. 47 Owokuqala umntu
uvela emhlabeni, ebuhlabati ; owesibini
umntu, INKOSI, uvela ezulwini. 48 Into
uyiyo obuhlabati, bakwa yinto enjalo aba-
buhlabati nabo : kanjako into uyiyo owa-
sezulwini, bakwa yinto enjalo abasezu-
lwini nabo. 49 Nanjengokuba siwutwele
umfanekiso wake obuhlabati, sowutwala
nomfanekiso wake owasezulwini.

50 Kodwa oku ndiyakutsho, bazalwana !
ukuba yona inyama negazi ayingelidhle
ilifa lobukumkani BUKATIXO ; kanjako uku-
bola akulidhli ilifa lokungaboli. 51 Bona
ke, ndiyanixelela imfihlakalo : Asiyi kulala
kukufa sonke, kodwa siya kuguqulwa
sonke, 52 ngesiqupe, ngepanyazo leliso,
ngexilongo lokugqibela : ngokuba ixilongo
liya kuhlokoma, baye abafileyo beya ku-
vuswa bengenakubola, nati siya kuguqu-
lwa. 53 Ngokuba oku okubolayo kufanele
ukuba kwambate ukungaboli, noku oku-
fayo ukuba kwambate ukungafi.

54 Kekaloku okuya oku okubolayo kwa-
mbete ukungaboli, n*okuya* oku okufayo
kwambete ukungafi, kuya kwandula kwe-
nzeka elozwi libàliweyo *ukuti* : Ukufa ku-
ginyelwe elwoyisweni. 55 Lupina, Kufa !
ulwavila lwako ? Lupina, Hadesi ! ulwoyiso
lwako ? 56 Kekaloku ulwavila lwokufa,
sisono ; namandhla esono, ngumteto. 57
Kodwa makubulelwe KUTIXO, osinikayo
ulwoyiso ngayo INKOSI yetu u-Yesu Krestu.
58 Ngako oko, bazalwana bami abata-
diweyo ! yibani niqinile, ningenakushe-
nxiswa, nikolisa ukwanda emsebenzini
WENKOSI ngamaxesha onke, nisazi nje
ukuba umzamo wenu awuyinto engendawo
ENKOSINI.

16 KEKALOKU okwayo inkongozelo
ngennxa yabangcwele, njengokuba
ndandimisele iremente zase-Galati, ye-
nzani njalo kwa nani. 2 Ngowokuqala
*umhla* weveki mabati bonke ngabanye kuni
babeke *into* kubo, bebekela ngoko kusuku-
ba behanjisiwe kakuhle ngako, ukuze kuti
ndakufika, zinganduli zenzwe inkongozelo
oko. 3 Naxeshekweni ndifikileyo, abo
basukuba nibabukayo ndiya kubatuma aba
benencwadi ukuya kusa ubabalo lwenu
e-Yerusaleme. 4 Nokuba kuti kufanele
ukuba ndihambe nami, baya kuhamba kwa
kunye nami.

5 Kodwa ndiya kuza kuni, okuya ndica-
ndileyo i-Masedoniya ; ngokuba ndicanda
i-Masedoniya : 6 ndize kungati ndihlale
kuni, umhlaumbi ndenze kwa ubusika,
ukuze ndipelekelelwe nini apo kusukuba
ndihambela kona. 7 Ngokuba ndingafuni
ukunibona ngoku ekudhluleni ; kodwa
ndiyatemba ukulibala kuni ixesha elitile,
xeshekweni kuvunyelwayo YINKOSI. 8 Ko-
dwa ndiya kulibala e-Efese kude kubeko
ipentekoste. 9 Ngokuba ndivulelwe ituba
elikulu, elisebenzekayo ; kanjalo bako aba-
lane abaninzi.

10 Kodwa xeshekweni kufikayo u-Ti-
mote, lumkani ukuba abeko kuni enge-
nakwoyika : ngokuba esebenza umsebenzi
WENKOSI, njengokuba *ndisenje njalo* nami.
11 Makungabiko umntu ngoko omdelayo :
kodwa mpelekeleleni ngoxolo, ukuba eze
kumi : ngokuba ndimkangela kunye nabo
abazalwana.

12 Kodwa okwake u-Apolosi umzalwana
*wetu*, ndamkunga kakulu ukuba eze kuni
kunye nabo abazalwana : kanti ibingeko
kanye intando yokuba eze kaloku nje ;
kodwa uya kuza okuya anexesha elifa-
nekileyo.

13 Lindani, qinisani ukuma elukolweni,
yenzani njengamadoda, yomelelani. 14
Maziti zonke izinto zenu zenzwe ngo-
tando.

15 Kekaloku ndiyanikunga, bazalwana !
(niyazi indhlu ka-Stefana, ukuba isisa-
ndulelo sase-Akaiya, nokuba bazimisile
ukukonza kwabangcwele,) 16 ukuba nani
nilulamele kwabanjalo, nakubo bonke
abanceda emsebenzini, nabazamayo. 17
Ndiyavuyela ukufika kuka-Stefana no-
Forotunato no-Akaiyiko ; kuba oko beku-
swele ngecala lenu bona aba bakwenzelele.
18 Ngokuba bepumzile owami ummoya
nowenu : bukani ngoko abanjalo.

19 Iremente zase-Asiya ziyanibulisa.
U-Akwila no-Pirisila bayanibulisa kakulu
ENKOSINI, kunye neremente esendhlwini
yabo. 20 Abazalwana bonke bayanibu-
lisa. Bulisanani ngokwanga okungcwele.
21 Umbuliso wami 'Paulusi ngesami



University of Fort Hare

isandhla. 22 Ukuba umntu akatandi
INKOSI u-Yesu Krestu, makabe yinto
eqalekisiweyo. INKOSI iyeza. 23 Ufefe
LWENKOSI u-Yesu Krestu malube nani.
24 Utando lwami malube nani nonke
ku-Krestu Yesu. Amene.

EYESIBINI

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMAKORINTE.

ISAHLUKO I.

UPAULUSI, umpostile ka-Yesu Krestu
ngayo intando KATIXO, no-Timote
umzalwana *wetu*, kuyo iremente KATIXO
ese-Korinte, kunye nabo bonke abangcwele
abakuyo yonke i-Akaiya: 2 Ufefe malube
kuni, noxolo, luvela kuye UTIXO ubawo
wetu, NENKOSI u-Yesu Krestu.

3 Makabongwe yena UTIXO noyise WEN-
KOSI yetu u-Yesu Krestu, yena uyise we-
zibele NOTIXO walo lwonke ulwonwabiso;
4 osonwabisayo kuko konke ukubande-
zelwa kwetu, size sibe namandhla uku-
bonwabisa abo basekubandezelweni noko
kunjanina, ngalo ololwonwabiso esonwatyi-
swayo ngalo kwa tina NGUTIXO. 5 Kuba
njengokuba inklungu zika-Krestu zikolisa
ukusandela, kwa njalo ngaye u-Krestu
lukolisa ukwanda nonwabiso lwetu. 6 Ko-
dwa nokuba siyabandezelwa, kungennxa
yokwenu ukwonwatyiswa nokusindiswa,
okusebenzayo ekunyamezeleni inklungu
ezikwa zizo esizivayo nati; nokuba siyo-
nwatyiswa, kungennxa yokwenu ukwonwa-
tyiswa nokusindiswa. 7 Kanjalo itemba
letu liqinisekile ngennxa yenu; sisazi nje
ukuba, njengokuba ninobudhlelana nazo
inklungu, kwa njalo *ninobudhlelana* nalo
nonwabiso.

8 Ngokuba ndingatandi ukuba nibe
ningazi, bazalwana! ngako ukubandezelwa
kwetu esasihlelwa kuko e-Asiya, okokuba
satwaliswa ngento egqitisileyo, pezu kwa-
mandhla *etu*, sada sancama nobomi: 9 ewe
tina ngokwetu sibe sinomgwebo wokufa
kwa kuti, ukuze singabi sitembela kokwe-
tu, koko *sibe sitembela* KUTIXO ovusayo abafi-
leyo: 10 owasihlangulayo ekufeni okukulu
kangaka, oti kanjalo ahlangule: esitemba
kuye ukuba woba esahlangula kanjalo;
11 nani ninceda kunye ngennxa yetu ngo-
kukunga *kwenu*, ukuze obobubele sabenze-
lwayo ngetuba labantu abaninzi lubulelwe
ngabaninzi ngennxa yetu.

12 Ngokuba ukuqayisela kwetu kuko
oku, kwa ukunqìna kwesazeliso setu, oko-
kuba sati kulo ulungelelwano nobunene
BUKATIXO, kwakungekubo ubulumko obu-
bunyama, kwakukulo ufefe LUKATIXO,
sanokuhlala kwetu elizweni, nakakulu
ngakumbi ke ngakuni. 13 Ngokuba si-
ngabàli ezinnye izinto kuni, ngapandhle
kwezo nizileseshayo nenizivumayo; endi-
temba kanjalo ukuba nozivuma kwa kude
kube sekupeleni; 14 kwa njengokuba
nasivumayo ngokwennxennye, ukuba silu-
qayiselo lwenu, njengokuba nani nilolwetu,
emhleni WENKOSI u-Yesu.

15 Kanjako kwesisitembelo ndibe ndi-
funa ukuza kuni tanci, ukuze nizuze in-
tsikelelo yesibini; 16 nokudhlula ngani
ukuya e-Masedoniya, nokuti ndivela e-Ma-
sedoniya ndize kuni kanjako, ndipelekele-
lwe nini ukuya e-Judeya. 17 Kekaloku
nxa ndibe ndifuna oku, ndaka ndenza
ngokuqetuka na? izinto endizicingayo,
ndiyazicinga ngokwennyama kusinina,
ukuze kubeko kumi ukuti ewe ewe, no-
kuti hai hai? 18 Kodwa UTIXO enyanise-
kile nje, ilizwi letu kuni belingengu-ewe
no-hai. 19 Ngokuba unyana KATIXO, u-Yesu
Krestu, owashunyayelwa pakati kwenu
siti, ndimi no-Silivane no-Timote, bekunge-
ngu-ewe no-hai, koko kwenziwe u-ewe
kuye: 20 ngokuba amadinga KATIXO noko
maninzi kangakananina, ukuye u-ewe, u-





University of Fort Hare

kuye u-amene, kube bubungcwalisa KUTIXO
ngati tina. 21 Kekaloku lowo osiqinisayo
kunye nani ku-Krestu, nositambisileyo,
NGUTIXO; 22 ote kanjalo wasincamatisela,
wasinika isibambiselo SOMOYA ezinklizi-
yweni zetu.
23 Kodwa mina ndiyambiza UTIXO
abe linqina pezu kwompefumlo wami,
ukuba ngokunga ndinganiyeka andabi
sa*funa* ukuza e-Korinte: 24 kunge-
kukuba sipata ubukosi pezu kwen-
kolo yenu, kukuba singabancedi bo-
vuyo lwenu; ngokuba nimiyo ngenkolo.
2 Kodwa ndagweba oku ngokwami
ukuti andiyi kubuya ndize kuni ngo-
sizi. 2 Ngokuba mina ukuba ndiyanenza
lusizi, ngubanina ke ondivuyisayo, kupela
ngulowo owenziwa lusizi ngami? 3 Ka-
njalo lento ekwa yiyo yona ndayibàla kuni,
ukuze nditi ndakufika ndingabi nosizi ku-
bo abo bendifanele ukuba nokuvuya ngabo;
ndinokutemba kuni nonke nje, ukuba
olwami uvuyo lulolwenu nonke. 4 Ngo-
kuba ndiselubandezelweni olukulu na-
sebunzimeni benkliziyo ndabàla kuni
ngennyembezi ezinninzi; bekungekukuba
nenzwe lusizi, bekukukuba nilwazi olota-
ndo endinalo kakulu ngakumbi ke ngakuni.
5 Kodwa ukuba umntu wenzile usizi,
akandenzelanga usizi mina, koko ngo-
kwennxeunye (ukuze ndingabeki *kuye* into
esindayo) *enenzele lona* nina nonke. 6
Kwanele onjalo okukwohlwayiwa *okwe-
nziwa* ngabo abaninzi. 7 Kwa njalo ke
ngelinye icala ni*fanele* ngakumbi uku*m*xo-
lela noku*mo*nwabisa, hleze kungati onjalo
aginyelwe lusizi oluninzi kakulu. 8 Nga-
ko oko ndiyanikunga ukuba niqinise uta-
ndo *lwenu* ngakuye. 9 Ngokuba ndabà-
lela kwa oku kanjalo, ukuze ndikwazi uku-
lingwa kwenu, ukuba nipulapula ezintwe-
ni zonke na. 10 Lowo ke enimxolelayo
into, *ndiyamxolela* nami: ngokuba nami
ukuba ndixolele into, lowo ndimxoleleyo,
*ndamxolela* ngennxa yenu, ebusweni buka-
Krestu; 11 ukuze singalunyukiswa ngu-
Satane: ngokuba amaqinga ake singe-
nakungawazi.
12 Kanjako, ndakufika e-Tirowa ngen-
nxa yevangeli ka-Krestu, nanxa bendi-
vulelwe ucango ENKOSINI, 13 ndandinge-
nakupumla emmoyeni wami, ekubeni
bendingafumani u-Titusi umzalwana
wami; koko ndibabulisile nje ndemkayo
ukuya e-Masedoniya.

14 KODWA makubulelwe KUTIXO, oti
ngamaxesha onke asenze soyise ku-Krestu,
nevumba lokwaziwa kwake alibonakalise
ngati kuzo zonke indawo. 15 Ngokokuba
silivumba elimnandi lika-Krestu kuye
UTIXO, pakati kwabo basindiswayo, napa-
kati kwabo babubayo: 16 kwabanye sili-
vumba lokufa kube kukufa; kwabanye
silivumba lobomi bube bubomi. Kanti
ngubanina ozilinganele ezizinto? 17 Ngo-
kuba singenjengabo abaninzi, siligxengela
ilizwi LIKATIXO nje; koko njengabobunene,
koko njengaBAKATIXO, ebusweni BUKATIXO,
sitetayo ku-Krestu.
3 Siyaqala kanjako ukuzazisa na? siya-
swela kusinina, njeng*abanye* abatile,
innewadi zokwazisa zisiza kuni, umhlaumbi
*innewadi* zokwazisa zivela kuni? 2 Innewa-
di yetu nini, ibàlelwe ezinkliziyweni zetu,
isaziwa ileseshwa nokuleseshwa ngabo
bonke abantu; 3 nibonakaliswa nje ukuba
niyinnewadi ka-Krestu yenziwe ngoku-
konza kwetu, ibàliwe kungengeyinke,
kungomoya KATIXO ohleliyo, kungesema-
cwecweni amatye, kusemacwecweni en-
nyama enkliziyo.
4 Isitembelo esinjalo ke sinaso ngaye
u-Krestu NGAKUTIXO: 5 kungekukuba si-
linganele ukutelekelela into ngokwetu,
njengokungati kuvela kwa kuti; koko
ukulinganela kwetu kuvela KUTIXO; 6
owati kanjalo wasenza silinganele ukuba
ngabakonzi bocebano olutsha; bengenga-
begama, bengabommoya; ngokuba igama
libulala, kodwa ummoya uyanika ubomi.
7 Kodwa ukuba isikonzo sokufa, *sibà-
lelwe* emagameni, siqingqelwe ematyeni,
besisebungcwaliseni, lude lukohlwe usapo
luka-Sirayeli kukuti nama ukukangela
ngasebusweni buka-Mosesi, ngennxa yo-
bungcwalisa bobuso bake, obebuya kutsha-
tyalaliswa; 8 kungati nina ukuba isi-
konzo sommoya asiyi kuti ngakumbi sibe
sebungcwaliseni? 9 Ngokuba isikonzo
sokugweba ukuba sibungcwalisa, siti isi-
konzo sobulungisa kakulu ngakumbi sigqi-
tise ngokuba sebungcwaliseni. 10 Ngo-
kuba kwa oko okwenzelwe ubungcwalisa
kungenzelwanga ubungcwalisa kuyo le-
ndawo, ngennxa yobungcwalisa obudhlu-
liseleyo. 11 Ngokuba oko kutshatyalali-
swayo ukuba bekunobungcwalisa, ku-
kakulu ngakumbi oko kuhlalayo kusebu-
ngcwaliseni.
12 Ngako sinalo itemba elinjalo nje,



University of Fort Hare

siyateta kwa sekuhleni kakulu: 13 kunge-
njengokuba u-Mosesi ebebeka isigubungelo
pezu kwobuso bake, ukuze ke usapo luka-
Sirayeli lungati nama ukukangela ngasesi-
pelweni sobekuya kutshatyalaliswa. 14
Koko ingqondo zalo zaba lukuni: ngokuba
kwada kwanamhla nje eso sona isigubu-
ngelo sisiti ekuleseshweni kwocebano
oludala sihlale singahlutywanga, into
etshatyalaliswayo ku-Krestu. 15 Koko
kwada kwanamhla, xeshekweni kulese-
shwayo u-Mosesi, kulele isigubungelo
pezu kwenkliziyo yalo. 16 Kodwa xe-
shekweni isukuba iguqukela KWINKOSI,
siyasuswa kanye isigubungelo eso. 17
Kekaloku yona INKOSI inguye UMOYA;
nalapo akona yena umoya WENKOSI, ikwa
kona inkululeko. 18 Kodwa tina sonke,
sibukangela nje ngobuso obungagujunge-
lweyo njengasennewadini ubungewalisa
BENKOSI, siyaguqulelwa kulowo wona um-
fanekiso kwa kubo *obunye* ubungewalisa
kude kube *kobunye* ubungewalisa, nje-
ngokuba buvela kuyo INKOSI UMOYA.

4 NGENNXA yoku, sinaso isikonzo
esi nje, njengokuba silwamkele ufefe,
asinakudinwa; 2 koko sizalile izinto ezi-
fihlakeleyo zehlazo, singahambi ebuqoko-
lweni, singapati ilizwi LIKATIXO ngobu-
kohliso kanjalo; koko ngokubonakaliswa
kwayo innyaniso sizazisa kwisazeliso
sabantu bonke ebusweni BUKATIXO. 3
Kodwa ukuba igujungelwe nevangeli yetu,
igujungelwe kubo ababubayo; 4 ekukubo
utixo welilizwe likoyo umfamekisile
ingqondo zabangakolwayo, ukuze kunga-
kazimli pezu kwabo ukukanyisa kweva-
ngeli yobungewalisa buka-Krestu, ongum-
fanekiso KATIXO. 5 Ngokuba singazi-
shumayela tina, koko *sishumayela* u-Krestu
Yesu ukuba UYINKOSI; nati tina ukuba
sizizicaka zenu ngennxa ka-Yesu. 6 Ngo-
kokuba NGUTIXO, owaxela ukuba ukukanya
kukanye kupuma ebumnyameni, owaka-
nyayo ezinkliziyweni zetu kuze kube
kukukanyisa kwokwaziwa kwobungewalisa
BUKATIXO ebusweni buka-Yesu Krestu.

7 Kodwa sinayo indyebo le ezimpa-
hleni zodongwe, ukuze ubungangamsha
bamandhla bube BOBUKATIXO, bungabi
bobakuti ke: 8 sibandezelwa ngamacala
onke nje, singaxingekile noko; sixakekile
nje, singancami noko; 9 sitshutshiswa
nje, singashiywa noko; sikahlelwe pantsi
nje, singabujiswa noko; 10 simana siku-
twala ngamaxesha onke emzimbeni ukufa
KWENKOSI u-Yesu, ukuze ubomi buka-Yesu
nabo bubonakaliswe emzimbeni wetu. 11
Ngokuba tina sihleliyo kufuti sinikelwa
ekufeni ngennxa ka-Yesu, ukuze ubomi
buka-Yesu nabo bubonakaliswe ennyameni
yetu enokufa.

12 Kwa njalo ke ukufa kuyasebenza
kuti, kodwa ubomi kuni. 13 Kodwa sina-
wo lowo wona ummoya wokolo, njengoko
kubàliweyo *ukuti*: Ndakolwa, kungoko
ndatetayo; nati siyakolwa, siti ngoko
kanjalo sitete; 14 sisazi nje ukuba lowo
wavusayo INKOSI u-Yesu uya kuti tina nati
asivuse ngaye u-Yesu, asimise kunye nani.
15 Ngokuba izinto zonke zingennxa yenu,
ukuze ufefe lwandisiwe nje luti ngabo
abaninzi lwenze umbulelo ukolise ukwa-
ndela ubungewalisa BUKATIXO.

16 Ngako oku asinakudinwa; koko na-
kuba umntu wetu wapandhle ebuba, owa-
pakati noko uyahlaziywa ngemihla ngemi-
hla. 17 Ngokuba ubandezelo lwetu olu-
lula olukoyo kodwa, lusenzela tina ngento
egqitisileyo kakulu ngakumbi ubungewa-
lisa obunzima obungunapakade; 18 nxa
singagqali izinto ezibonwayo, koko *sigqala*
izinto ezingabonwayo; ngokuba izinto
ezibonwayo zezomzuzu kodwa, kanti
izinto ezingabonwayo zingunapakade.

5 Ngokuba sisazi ukuba siti, xeshekweni
indhlu yetu yasemhlabeni yolupahla
icitwayo, sinaso isakiwo sivela KUTIXO,
indhlu ingenziwanga ngezandhla, ingu-
napakade, ezulwini. 2 Ngokuba kulo olu
sigula, silangazelela ukwambata inklalo
yetu evela ezulwini: 3 ukuba kambe nxa
sivete nje asiyi kufunyanwa sizé. 4 Ngo-
kuba tina esikulo olupahla sigula, sitwa-
liswa ke: ekubeni singafuni ukuhlutyu-
lulwa, koko *sifuna* ukwambatiswa, ukuze
oko kunokufa kuginywe bubomi. 5 Ke-
kaloku lowo owasenzela kwa yona lento
NGUTIXO, ote kanjalo wasinika isibambiselo
SOMOYA.

6 Sinokwomelela ngoko ngamaxesha
onke nje, sisazi nokwazi ukuba siti, nxa
sisekaya letu emzimbeni, sikude nekaya
letu ENKOSINI; 7 (ngokuba sihamba ngalo
ukolo, singa*hambi* ngako okubonakalayo;)
8 siyomelela ke, ewe siyanxamela ukuti
ngakumbi sifuduke emzimbeni, sigodu-
kele KWINKOSI. 9 Ngako oko siyazamela
ukuba siti, nokuba siseko, nokuba siyafu-



University of Fort Hare

duka, sibe sikolekile kuyo. 10 Ngokuba
sifanele tina sonke ukubonakaliswa pambi
kwesihlalo sokugweba sika-Krestu; ukuze
bonke ngabanye babuye bamkele izinto
*ezenziweyo* besemzimbeni, ngokwezinto
bazenzileyo, nokuba yinto elungileyo,
nokuba yinto ekohlakeleyo.

11 KEKALOKU silwazi nje ulwoyi-
keko LWENKOSI, siyacenga abantu; kodwa
sibonakalisiwe KUTIXO; ewe ndiyatemba
kanjalo ukuba sibonakalisiwe pakati kwe-
zazeliso zenu. 12 Ngokuba singabuyi
sizazise kuni, koko sininika ituba loku-
qayisela ngennxa yetu, ukuze nibe *nalo*
ngakubo abati baqayise ebusweni, banga-
*qayisi* enkliziyweni. 13 Ngokuba nokuba
sinobuhilihili, kungennxa KATIXO; nokuba
sinokuqonda kwetu, kungennxa yenu. 14
Ngokuba utando luka-Krestu lusinyanzela,
sigwebile nje oku ukuti, ukuba omnye
wafela bonke, kukona bafayo kwa bonke:
15 kanjalo wafela bonke, ukuze abo
bahleliyo bangabi sazihlalela bona, koko
*bahlal*ele lowo ute ngennxa yabo wafa
wabuya wavuka. 16 Kwa njalo tina
emveni kwakaloku nje asazi ngokwennya-
ma namnye umntu: ewe nokuba simazile
ngokwennyama u-Krestu, noko ngoku
asisamazi. 17 Kwa njalo ukuba umntu
ukuye u-Krestu, usisidalwa esitsha: izinto
zakudala zidhlulile; bona ke, zonke
izinto ziba zintsha. 18 Kanjako zonke
izinto zivela KUTIXO, owasixolisana naye
ngokwake ngaye u-Yesu Krestu, wasinika
tina isikonzo soxolisano; 19 esokuti UTIXO
ube ku-Krestu elixolisana naye ngokwake
ilizwe, engabaleli kubo iziposo zabo;
wayebekela kuti ilizwi loxolisano.
20 Ngako sizizitunywa esikundhleni
sika-Krestu, njengokungati UTIXO eben*i*-
kunga ngati: siya*ni*tandaza esikundhleni
sika-Krestu, manixoliswane NOTIXO. 21
Ngokuba lowo ubengasazanga isono wam-
enza *ukuba* sisono ngennxa yetu; ukuze
tina sibe bubulungisa BUKATIXO kuye.

6 Kanjalo sisebenza kunye *naye* nje, nati
siya*ni*kunga ukuba maningafumani
nilwamkele ufefe LUKATIXO. 2 (Ngokuba
esiti: Ngexesha elikolekileyo ndikuvile,
nangomhla wosindiso ndikusizile. Nali
kaloku ixesha elikolekileyo kakuhle, na-
ngu kaloku umhla wosindiso.) 3 Singa-
niki 'tuba lokuxakanisa nje ngannye into,
ukuze singeyiwa isikonzo: 4 koko sizi-
bonakalisa ezintweni zonke njengokuba
singabakonzi BAKATIXO, emondeni omninzi,
ezimbandezelweni, ezitukutezini, ezixi-
ngweni, 5 ezibetweni, ezintolongweni,
ezimpitimpitini, emizanyweni, ezimpapa-
nyweni, ezinzilweni; 6 ebucocweni, ekwa-
zini, ekuzekeni kade, ebubeleni, kumoya
oyingcwele, elutandweni olungazenzisiyo,
7 elizwini lennyaniso, emandhleni KATIXO,
ngezixòbo zobulungisa ngasekunene na-
ngasekohlo, 8 ngembeko nangehlazo,
ngodumo olubi nangodumo oluhle:
njengabakohlisi, singabennyaniso noko;
9 njengabangaziwayo, besaziwa kakulu
noko; njengababubayo, kanti, bona ke,
sihleli; njengabohlwayiwayo, singafiswa
noko; 10 njengabalusizi, kodwa sivuya
ngamaxesha onke; njengababuhlwempu,
kodwa sityebisa abaninzi; njengabange-
nanto, sifuya izinto zonke noko.
11 Umlomo wetu uvulekile ngakuni,
ma-Korinte! inkliziyo yetu yandisekile.
12 Anixingekile kuti, kodwa nixingekile
kuwo umbilini wenu. 13 Kekaloku uku-
buyekeza into ekwa yiyo, (ndiyateta nje-
ngakubo abantwana *bami*,) yibani nandi-
sekile nani.
14 Ize ningazifaki iyokwe yimbi nda-
wonye nabangakolwayo: ngokuba kuko
ubukolwane bunina pakati kwobulungisa
nokungalungi? nokukanya kunobudhle-
lana bunina kunye nobumnyama? 15 no-
Krestu unemvumelano yanina kunye
no-Beliyali? umhlaumbi okolwayo unesa-
biwo sanina ndawonye nongakolwayo? 16
netempile KATIXO inesilungelelano sanina
nezitixo? ngokuba nina niyiyo itempile
KATIXO ohleliyo; njengokuba etshilo U-
TIXO ukuti: Ndiya kuma kubo, ndihambe
pakati *kwabo*; ndandiya kubo NGUTIXO
wabo, bati bona babe ngabantu kumi.
17 Ngako oko pumani kwa pakati kwabo,
nibe nahlukile, utsho UYEHOVA, nokunco-
lileyo ningakucukumisi; ndandiya kuna-
mkela, 18 ndibe nguyihlo kuni, niti nina
nibe ngonyana nentombi kumi, utsho
UYEHOVA usomandhla.

7 Ngako sinawo lamadinga nje, bata-
ndwa! masizihlambulule kuko konke
ukudyoba kwennyama nokwommoya, sibu-
feza ubungcwele nje ekwoyikeni UTIXO.

2 SAMKELENI; asonanga 'mntu, aso-
nakalisanga 'mntu, asilumkisanga 'mntu.
3 Anditeti *oku* ukunga ndinganigweba:



University of Fort Hare

ngokuba nditshilo pambili ukuti nisezin-
kliziyweni zetu ukuba sife ndawonye
*nani* nokuba sipile ndawonye *nani*. 4
Kukulu ukukalipa kwami ekuteteni nga-
kuni, kukulu ukuqayisa kwami ngennxa
yenu; ndizalisiwe lulwonwabiso, ndiya-
pupuma luvuyo kuko konke ukubande-
zelwa kwetu.

5 Ngokuba okunene sakufika e-Mase-
doniya, innyama yetu ibingenakupumla,
koko sibe sibandezelwa ngamacala onke;
ngapandhle bekuko izilwo, pakati bekuko
izoyiko. 6 Noko ke lowo owonwabisayo
abo batobekileyo, kwa UTIXO, wasonwabisa
tina ngokufika kuka-Titusi; 7 bekunge-
ngokufika kwake kodwa, koko bekungako
nokwonwabisa wonwatyiswa ngako kuni,
esityela ukulangazelela kwenu, ukulila
kwenu, ukundizondelela kwenu; ndada
ndavuya ngakumbi. 8 Kuba ndisiti, nakuba
ndanenza lusizi ngenncwadi *yami*, ndinga-
zohlwayi, nakuba ndibe ndizohlwaya:
ngokuba ndibona ukuba innewadi leyo
yanenza lusizi, nakuba bekungexeshana
*kodwa*. 9 Kaloku ndiyavuya, kungeku-
kuba nenziwa lusizi, koko ukuba nenziwa
lusizi lwada lwaba luguquko: ngokuba
nenziwa lusizi ngoKUKATIXO, ukuze ninga-
lahlekelwa 'nto ngati. 10 Ngokuba usizi
olungoKUKATIXO luzuzisa uguquko lude
lube lusindiswa, eningayi kuzohlwaya
ngalo; kodwa usizi lwaselizweni luyazu-
zisa ukufa. 11 Ngokuba, bona ke, kwa yona
lento, yokuba nenziwa lusizi ngoKUKATIXO,
yenza ukukutala okukulu kangakanana
kuni! ewe, ukuzitetelela, ewe, ukuqu-
mbela, ewe, ukwoyika, ewe, ukulanga-
zelela, ewe, ukuzondelela, ewe, ukupinde-
zela! Ezintweni zonke nazibonakalisa
ukuba nimhlope kulendawo. 12 Kukona,
nakuba ndabàlayo kuni, bekungengennxa
yalowo ube wonile, bekungengennxa yalo-
wo ube woniwe kanjalo, bekungennxa
yokuba kubonakaliswe kuni ukunikutalela
kwetu ebusweni BUKATIXO.

13 Ngennxa yoku sasisonwatyiswa ekwo-
nwatyisweni kwenu; kanjako sakolisa
ukuvuya kakulu ngakumbi pezu kwovuyo
luka-Titusi, kuba ummoya wake upunyu-
ziwe nini nonke. 14 Ngokuba mina
ukuba ndike ndaqayisa kuye ngennxa
yenu, bendingadaniswa: koko njengokuba
sibe siteta zonke izinto kuni ngennyaniso,
kwa njalo nokuqayisa kwetu pambi kwo-
Titusi bekufunyanwa ukuba yinnyaniso.

15 Kanjalo umbilini wake ungakuni
ngento enkulu ngakumbi, nxa akumbulayo
ukuva kwenu nonke, okokuba nati ngo-
kwoyika nangokututumela namamkela.
16 Ndiyavuya ngoko ukuba ezintweni
zonke ndinokwomelela ngani.

8 KANJAKO siyanazisa, bazalwana!
ufefe LUKATIXO olunikiweyo ezireme-
nteni zase-Masedoniya; 2 ukuba ekuli-
ngeni okukulu kwembandezelo ubuninzi
bovuyo lwabo nobuhlwempu obubohleki-
leyo babo bakolisa ukwandela ubutyebi
besisa sabo. 3 Ngokuba ngokwamandhla
*abo*, (ndiyanqìnela *oku*,) ewe napezu kwa-
mandhla *abo bapa* ngokwabo ukutanda:
4 besitandaza ngembongozo enninzi,
ukuba samkele ubabalo *lwabo*, sidhle-
lane *nabo* ekwabeleni abangcwele. 5
Bekungenjengokuba sibe sitemba, koko
bazinikelayo kuqala ENKOSINI, nakuti ngayo
intando KATIXO: 6 sada samyala u-Titusi,
ukuba makati, njengokuba ebesel' eqalile,
abe kwa njalo efeza pakati kwenu nofefe
olu.

7 Kodwa, njengokuba nikolisa ukwanda
ezintweni zonke, elukolweni, naselizwini,
nasekwazini, nakulo lwonke ukutalo,
naselutandweni lwenu kuti, *lumkani* uku-
ba nikolise ukwanda nakulo olufefe. 8
Anditeti ngendawo yokuyolela, koko
*nditeta* ngetuba lokukutala kwabanye,
ndibulinga nje ubunyaniso botando lwenu
kanjalo. 9 Ngokuba nilwazi ufefe LWEN-
KOSI yetu u-Yesu Krestu, ukuba wati,
nangona ebebutyebi, waba 'buhlwempu
ngennxa yenu, ukuze nina ngobuhlwempu
bake nibe 'butyebi. 10 Nakuko oku ndi-
yanika ingcingo *yami*: ngokuba oku
kunilungele, ekubeni naseniqala nyaken-
nye, kwakungekukwenza kodwa, kwaku-
kuvuma kanjalo. 11 Ize kaloku nifezo
nokwenza, ukuze kuti, njengokuba be-
kuko unxamelo lwokuvuma, kubeko kwa
njalo nokufezwa kuko oko eninako. 12
Ngokuba unxamelo ukuba seluko, ku-
ngoko asukuba enako umntu akolekileyo,
akungoko angenako. 13 Ngokuba *ndi-
sitsho* kungekukuba kubeko ubulula kwa-
banye, nembandezelo kuni; 14 kukuba
kuti, ngokulingana, ngelixesha lakaloku
nje ubuninzi benu *benzelelelo* ukuswela
kwabo, ukuze nobuninzi babo bube *no-
kwenzelelela* ukuswela kwenu; ukuba kubo
kukulingana; 15 njengokuba kubàliwe



University of Fort Hare

*ukuti*: Obe*bute* okuninzi akabanga noku-
pezulu, nobe*bute* okuncinane akabanga
nakuswela.
16 Kodwa makubulelwe KUTIXO, olube-
kayo ukutalo olukwa lulo ngennxa yenu
enkliziyweni ka-Titusi: 17 kuba ebesa-
mkela isiyalo *setu*; kodwa eba nokukutala
ngakumbi nje, wapuma ngokwake uku-
tanda ukuya kuni. 18 Site kanjalo kunye
naye samtuma umzalwana, odunyiswa eva-
ngelini lukuzo zonke iremente; 19 ku-
nge*njalo* ke kodwa, koko kanjako ebeba-
lulwa ziremente ukuba ngumpeleki wetu
ekuhambeni nalo ubabalo olu, olwabiwa
siti kuze *kubonakaliswe* ubungcwalisa
BENKOSI ngokwayo, nonxamelo lwenu: 20
sikulumkela oku nje, ukuba kungabiko
'mntu ororayo ngati ku*lento* yobubuninzi
obabiwa siti: 21 sisazalelela izinto ezifa-
neleyo, kungesebusweni BENKOSI kodwa,
kusebusweni babantu kanjalo. 22 Saye
simtumile kunye nabo umzalwana wetu,
esimfumeneyo futi ezintweni ezininzi
ukuba ukutele, kodwa ngoku ukutele ka-
kulu ngakumbi, ngesitembelo esikulu a*naso*
ngakuni. 23 Nokuba *kubuz*elwa u-Titusi,
ulikolwane lami nomsebenzisi *wami* nga-
kuni: nokuba *kubuzelwa* abazalwana betu,
bangabatunywa bazo iremente, *no*bu-
ngcwalisa buka-Krestu. 24 Ngako ke
isiboniso sotando lwenu, nesoqayiso lwetu
ngennxa yenu, sibonakaliseni kubo, nase-
busweni bazo iremente.

9 Ngokuba ngako ukwabela abangcwele,
akufuneki kanye ukuba ndibàle kuni:
2 ngokuba ndisazi unxamelo lwenu, endi-
qayisayo pezu kwenu ngalo kwabase-Ma-
sedoniya, ukuba i-Akaiya seilungile nya-
kennye; kanjalo uzondelelo lwenu lwavusa
into enninzi yabo. 3 Kodwa nditumile
abazalwana aba, ukuze ukuqayisa kwetu
pezu kwenu kungenziwa into engento
yanto kuyo lendawo; ukuze ke, njengo-
kuba bendisitsho, nibe senilungile: 4
hleze kungati, xeshekweni kuzayo abase-
Masedoniya kunye nami, banifumane
ningalunganga, kudaniswe tina, (ukuze
ndingatsho ukuti nina,) kokukwomelela
kwokuqayisa. 5 Ndati ngoko ndaba
kufanelekile ukuyala abazalwana aba,
ukuba bandulele ukuya kuni, balungise
pambili into yesisa senu ebishunyayelwe
pambili, ukuba yona le ibe ilungile, kube
njengokuba iyinto yesisa, kungabi njengo-
kungati yinto yokuvimba.

6 Kodwa oku *ndiyakutsho*: Ohlwayelayo
ngokuncinane uya kuvuna nangokunci-
nane; nohlwayelayo ngokuninzi uya ku-
vuna nangokuninzi. 7 Bonke ngabanye
*mabape* njengokuba bezicingela enklizi-
yweni; kungabi ngosizi, umhlaumbi ngo-
kunyanzelwa: ngokuba UTIXO etanda
opayo ngokucwayita. 8 Kanjako UTIXO
unamandhla ukwenza ufefe lwonke luko-
lise ukunandela, ukuze niti, ninokwanela
konke ezintweni zonke ngamaxesha onke,
nikolise ukwandela yonke imisebenzi elu-
ngileyo; 9 njengokuba kubàliwe *ukuti*:
Ucitile, wapa abasweleyo; ubulungisa bake
bumi ngonapakade. 10 Kekaloku wanga
angati lowo obabala imbewu kumhlwayeli,
nesonka sibe kukudhla, ababale andise isi-
hlwayelo senu, akulise iziqamo zobulungisa
benu; 11 nityetyiswa nje ezintweni zonke
kube sisisa sonke, esizuzisayo ngati umbu-
lelo KUTIXO. 12 Ukuba ukwabiwa kwo-
konzo olu kungazenzeleli intswelo zaba-
ngcwele kodwa, koko kanjako kukolisa
ukwanda ngayo imibulelo emininzi KUTIXO;
13 bakuba besiti, ngaso isazelo sesabiwo
esi, badumise UTIXO ngennxa yolulamelo
lwemvumelo yenu kuyo ivangeli ka-
Krestu, nesisa somnikelo *wenu* kubo, na-
kubo bonke; 14 bona nabo ngokwabo
ngokunitandazela benilangazelela njo
ngennxa yofefe oludhluliseleyo LUKATIXO
olukuni. 15 Makubulelwe KUTIXO isipo
sake esingabalisekileyo.

10 KEKALOKU mina 'Paulusi ngokwa-
mi ndiyanikunga ngako ukululama
nokutamba kuka-Krestu, onditi ndisebu-
sweni *benu* nditobekile pakati kwenu,
kodwa nxa ndingekoyo ndinokwomelela
ngakuni: 2 kodwa ndiya*ni*tandaza, ukuba
ndingati nxa ndikoyo ndibe nokwomelela
ngobuganga obo, enditelekelelisayo uku-
kalipa ngabo ngakubo abatile, abasibale-
layo njengokungati sibe sihamba ngokwen-
nyama. 3 Ngokuba sisiti, nangona sihamba
ennyameni, singalwi ngokwennyama: 4
(ngokuba izikali zokulwa kwetu zingebu-
nyama, koko zinamandhla pambi KWOTIXO
kuze kube kukucitwa kwazo innqaba:) 5
sicita nje izicamango, nento zonke ezinde
ezipakamayo ngakuko ukwaziwa KUKATIXO,
sitimbela nokutimbela ekuviweni kuka-
Krestu onke amaqinga; 6 sesihlalela nje
kanjalo ukupindezelela konke ukungeva,
okuya kuzalisekisweyo ukuva kwenu.



University of Fort Hare

7 Nizikangela izinto ngokwokubona-
kala *kwazo* na? Ukuba umntu uyazite-
mbela ngokwake ukuba ungoka-Krestu,
makati ngokwake kanjako atelekelele oku,
ukuba, njengokuba yena lo ungoka-Krestu,
kwa njalo nati singabaka-Krestu. 8
Ngokuba naxeshekweni ndiqayisayo ngen-
to enkulu ngakumbi ngalo igunya letu,
esanikwa lona YINKOSI, libe lelokun*i*misa,
lingabi lelokunicita, andiyi kudana: 9
ukuze ndingabi nokungati ngendinoyikisa
ngenncwadi *zami*. 10 Ngokuba inncwadi
*zake*, kutshiwo, ziyinto enkulu, zinama-
ndhla; kodwa umzimba *wake* nxa akoyo
ubutataka, nokuteta *kwake* kuyinto edele-
kileyo. 11 Makati onjalo atelekelele oku,
ukuba, into siyiyo ekuteteni ngenncwadi
nxa singekoyo, sikwa yinto enjalo kanjako
nxa sikoyo ekwenzeni. 12 Ngokuba
singalingi ukuzibalelela umhlaumbi uku-
zifanisa nennxennye yabazincomayo:
koko bona, bezilinganisa pakati kwabo
nje, bezifanisa kwa nabo ngokwabo, benge-
nakuqonda. 13 Kodwa tina asiyi kuqa-
yisa ngendawo engenakulinganiswa, koko
ngesilinganiselwa somda esabelwa sona
NGUTIXO ukuba sisilinganiselwa sokuba
sifikelele kude kube nakuni. 14 Ngokuba
singazoluli ngokugqita *esilinganiselweni setu*,
njengokungati sibe singafikeleli kuni:
ngokuba sasesifikile kwada kwaba nakuni
evangelini ka-Krestu: 15 singaqayisi nje
ngendawo engenakulinganiswa emisebe-
nzini yabanye abantu, kodwa sinetemba nje
lokuba soti, nxa ukolo lwenu lukulayo,
sandiswe pakati kwenu ngokwomda wetu
ngento enninzi kakulu, 16 size siyishuma-
yele ivangeli ezindaweni ezisele kwenu, si-
ngaqayisi emdeni womnye umntu ngezinto
ezise zilungisiwe. 17 Kodwa lowo uqayi-
sayo, makaqayise ENKOSINI. 18 Ngokuba
engenguye ozincomayo ngokwake obu-
kwayo, nguye oncomywayo YINKOSI.

11 AKWABA niyandinyamezela kanci-
nane ebudengeni *bami!* ewe, kenindi-
nyamezele. 2 Ngokuba ndinobukwele
pezu kwenu ngobukwele BUKATIXO: ngo-
kuba ndinendisele kwindoda innye, uku-
nimisela ku-Krestu *njenge*ntombi ipela
ecokisekileyo. 3 Kodwa ndiyoyika, hleze
kungati, njengokuba yona innyoka yamlu-
kuhla u-Eva ngobuqokolo bayo, kwa njalo
inkumbulo zenu zonakaliswe *zipanjukiswe*
kulo ulungelelwano olungakuye u-Krestu.
4 Ngokuba lowo uzayo ukuba uyashuma-
yela omnye u-Yesu esingashumayelanga
yena, umhlaumbi *ukuba* niyamkela UMOYA
wumbi eningamkelanga yena, umhlaumbi
ivangeli yimbi eningamkelanga yona,
beningalungisayo ukunyamezela. 5 Ngo-
kuba nditelekelelisa ukuba andincipekile
ngannye into kubo abobapostile abagqi-
tisileyo ngobukulu. 6 Kodwa nokuba
ndingongenabuciko ekuteteni, andinjalo
ekwazini; koko kuko konke sibonaka-
lisiwe kuni ezintweni zonke.

7 Ndenza isono kusinina ekuzitobiseni
kwami ukuze nipakanyiswe nina, ekubeni
ndayishumayela kuni ivangeli KATIXO
ndingabizi 'nto? 8 Ezinnye iremente
ndazipanga, nditabatile nje umvuzo *kwa
kuzo*, kuze kukonzwe nina. 9 Naxeshe-
kweni bendiko kuni, ndaza ndaswela,
ndibe ndingengumtwalo kumntu namnye:
ngokuba intswelo zami bazenzelela aba-
zalwana bakuvela e-Masedoniya; ewe
ezintweni zonke ndazigcina ndingabi
'bunzima kuni, ndandiya kuzigcina *njalo*
kanjako. 10 Innyaniso ka-Krestu iko
kumi nje, ukuqayisa oku akuyi kundi-
vingcelwa emazweni ase-Akaiya! 11
Nganina? ngokokuba ndinganitandi na?
UTIXO uyazi. 12 Kodwa oko ndikwe-
nzayo, kwa kona ndiya kukwenza, ukuze
ndibanqamle ituba abo bafuna ituba;
ukuze bati entweni baqayisa ngayo, ba-
funyanwe bekwa njengati. 13 Ngokuba
abanjalo bengabapostile ababuxoki, aba-
sebenzi abanenkohliso, bezenza ngakumbi
babe nesimilo sabapostile baka-Krestu. 14
Asi yinto yokutelwa nqa kanjalo: ngokuba
kwa yena u-Satane ezenza ngakumbi abe
nesimilo sengelosi yokukanya. 15 Asi
yinto enkulu ngoko, ukuba abakonzi bake
nabo bayazenza ngakumbi babe nesimilo
njengabakonzi bobulungisa; abasipelo siya
kuba ngokwemizebenzi yabo.

16 Nditi kanjako: Makungabiko 'mntu
oba ndisisidenge; kodwa ukuba noba
ndinjalo, ndamkeleni ke noko kwa nje-
ngesidenge, ukuze ndike nditi nami ndi-
qayise kancinane. 17 Oko ndikutetayo,
andikuteti NGOKWENKOSI, koko *ndikuteta*
njengasebudengeni, kokukwomelela kwo-
kuqayisa. 18 Ekubeni abaninzi baqayi-
sayo ngokwennyama, ndiya kuqayisa nami.
19 Ngokuba ninyamezela izidenge ngo-
kuvuya, nina nizizilumko nje. 20 Ngo-
kuba ninyamezela, akuti umntu anifake



University of Fort Hare

ebukobokeni, akuti umntu anidhle, akuti
umntu anibambe, akuti umntu azipaka-
mise, akuti umntu anibete ebusweni. 21
Nditsho ngokwendeleko, njengokungati
sibe sibutataka tina. Kodwa into asukuba
umntu enokukalipa ngayo, (ndiyateta
ngobudenge,) ndinokukalipa kwa nami.
22 Bangama-Hebere na? *ndinjalo* nami.
Bangama-Sirayeli na? *ndinjalo* nami. Ba-
yinzalo ka-Abrahame na? *ndinjalo* nami.
23 Bangabakonzi baka-Krestu na? (ndi-
teta ndihiliza nje,) *ndinjalo* mina ngoku-
pezulu: ndisemizanyweni kakulu nga-
kumbi, ndinemivimbo ngento epezu
kwembaliso, ndisezintolongweni kakulu
ngakumbi, kufuti ndisekufeni: 24 kuma-
Juda ndati kahlanu ndamkela *imivimbo*
engamashumi mane kuyekwa 'mnye; 25
ndabetwa ngentonga katatu; ndagityi-
selwa ngamatye kanye; ndapukelwa
yinnqanawa katatu; ndenze ubusuku nem-
mini enzulwini *yolwandhle*: 26 ngoku-
hamba futi; ngengozi ngemilambo, ngen-
gozi ngamabada, ngengozi zivela kwisizwe
*sakowetu*, ngengozi zivela kubaheyideni,
ngengozi esixekweni, ngengozi enklango,
ngengozi elulwandhleni, ngengozi pakati
kwabazalwana ababuxoki: 27 ekuzameni
nasekudinisweni, ekupapameni futi, eku-
lambeni nasekunxanweni, ekuzileni ukutya
futi, engqeleni nasebuzéni. 28 Kungeko
ezozinto zingapandhle, *kuko* ukuxinwa
endinako imihla ngemihla, ukukatalelwa
kweremente zonke.

29 Ngubanina obutataka, ndize ndingabi
'butataka na mina? Ngubanina oxakani-
swayo, ndize ndingatshi na kwa mina? 30
Ukuba ndifanele ukuqayisa, ndiya kuqa-
yisa ngezinto zobulwelwe bami. 31 Yena
UTIXO noyise WENKOSI yetu u-Yesu Krestu,
odumisekayo kude kube ngunapakade,
uyazi ukuba andixoki. 32 E-Damakusi
inkosi yabantu ngapantsi kwake u-Areta
ukumkani ibilinda isixeko sama-Damakusi
ifuna ukundibamba; 33 ndaza ndahliswa
ngesituba engobozini ngodonga, ndasinda
ezandhleni zayo.

12 Ukuqayisa kambe akundilungele:
ngokuba ndiya kuza kuzo izibona-
kalo nezityilo ZENKOSI. 2 Ndiyamazi
umntu ku-Krestu, kuse kuyiminyaka eli-
shumi linesine (nokuba ebesemzimbeni
na, andikwazi; nokuba ebengapandhle
kwomzimba na, andikwazi; UTIXO uyazi;)
onjalo esuselwe kwa kulo elesitatu izulu.
3 Ewe ndiyamazi umntu onjalo, (nokuba
ebesemzimbeni, nokuba ebengapandhle
kwomzimba kusinina, andikwazi; UTIXO
uyazi;) 4 ukuba wasuselwa eparadisi,
waza weva amazwi angatetekiyo, lawo
angavunyelwayo umntu ukuba awatete.

5 Ngaye onjalo ndiya kuqayisa; kodwa
ngami isiqu sami andiyi kuqayisa, kupela
ezilwelweni zami. 6 Ngokuba xeshe-
kweni ndifuna ukuqayisa, andiyi kuba si-
sidenge; ngokuba ndiya kuteta innyaniso:
kodwa ndiyayeka, kuze kungabiko 'mntu
ondibalelayo ngokupezulu kwoko abonayo
ukuba ndikuko, umhlaumbi akuvayo kumi.

7 Kanjalo ukuze ndingazipakamisi ngo-
kugqitileyo ngabo ubungangamsha bezi-
tyilo ezo, kwanikwa kumi ameva ennya-
meni *yami*, ingelosi ka-Satane ukuba indi-
nkliteke, ukuze ndingazipakamisi ngo-
kugqitileyo. 8 Ngayo lento ndayikunga
INKOSI katatu, ukuba imke kumi. 9 Ya-
yisiti kumi: Ufefe lwami lwanele wena;
ngokuba amandhla ami efezekiswa ebuta-
takeni. Ngokuvuya kakulu ngoko ndiya
kuti ngokukumbi ndiqayise ezilwelweni
zami, ukuze amandhla ka-Krestu ahlale
pezu kwami. 10 Ngako oko ndikoliwe
kakuhle ezilwelweni, ezitukweni, ezitu-
kutezini, ezintshutshisweni, ezixingweni,
ngennxa ka-Krestu: ngokuba okuya
ndibutataka, kwa oko ndinamandhla.

11 Ndiba sisidenge ndiqayisa nje; nina
nandinyanzela: ngokuba mina ndinge
ndinconyiwe nini: ngokuba bendinganci-
pekile ngannye into kubo abobapostile
abagqitisileyo ngobukulu, nokuba ndi-
yinto enganto. 12 Okunene imiqondiso
yongumpostile yabisenziwa pakati kwenu
ngawo wonke umonde, ngemiqondiso
nemimangaliso nezenzo zamandhla. 13
Ngokuba kuyinto nina enibe niswelekile
ngayo ngapezu kwezinnye iremente, ku-
pela ukuba mina ngokwami ndibe ndinge-
ngumtwalo kuni? Ndixoleleni esisono.

14 Nali ixesha lesitatu sendihlalela
ukuza kuni; ndaye ndingayi kuba ngum-
twalo kuni: ngokuba ndingafuni izinto
zenu, koko *ndifuna* nina: ngokuba aba-
ntwana bengafaneli ukubekelela oyise,
koko oyise *befanele ukubekel*ela abantwana.
15 Mina kanti ndiya kuvuya kakulu uku-
gqibela nokugqityelwa ngennxa yemipe-
fumlo yenu; nakuba nditi, ndakutanda
nina kakulu ngakumbi, nditandwe kanci-
nane ngakumbi.



University of Fort Hare

16 Kodwa makube njalo, andaba nzima
pezu kwenu mina: noko ndinamaqokolo
nje, ndanibamba ngenkohliso. 17 Ndani-
lumkisa ngaye omnye wabo endibatumileyo
kuni yinina? 18 Ndambongoza u-Titusi *aye*
*kuni*, ndaza ndatuma kunye *naye* umza-
lwana *wetu*. Waka wanilumkisa u-Titusi
na? asahamba kokwa 'mnye ummoya na?
asa*hamba* kwekwa 'minye imikondo na?

19 Niba na kanjako siyazitetelela kuni?
Siyateta ebusweni BUKATIXO ku-Krestu:
kodwa zonke izinto, bazalwana! *siyaze-*
*nzela* ukumiswa kwenu. 20 Ngokuba ndi-
soyika, hleze kungati ndakufika, ndifu-
mane nina ningeyinto enditandayo ukuba
nibe yiyo, nditi nami ndifunyanwe nini
ndiyinto eningatandiyo ukuba ndibe
yiyo; hleze kungati kubeko amapike,
inzondelano, imisindo, inkani, inklebo,
amagqugulo, imvutelano, izipitipiti: 21
hleze ati UTIXO wami, ndakubuya ndifike,
anditobise pakati kwenu, ndize ndililele
abaninzi abase bonile, bengagqobokanga
kanti ngennxa yobuncola nombulo nobu-
tshinitshini ababenzayo.

13 LIXESHA lesitatu eli endiza kuni.
Ngomlomo wamanqìna amabini um-
hlaumbi amatatu onke amazwi aya ku-
miswa. 2 Senditshilo ke, nditsho pambili
na*lapa*, njengokungati bendiko ngokwe-
sibini, kanti ndingeko nje ndiyabàla ka-
loku, kubo abo base bonile, nakubo abanye
bonke, ukuti, xeshekweni ndibuya ndifike,
andiyi ku*ba*yeka: 3 ekubeni nisifuna
umlingo wokuba ngu-Krestu oteta ngami,
ongebutataka ngakuni, koko enamandhla
pakati kwenu. 4 Ngokuba nangona ebe-
kuruseshwa ngobutataka, uyadhla ubomi
noko ngamandhla KATIXO. Ngokuba nati
sibutataka kuye, koko siya kudhla ubomi
kunye naye ngamandhla KATIXO ngakuni.

5 Zibenceni, ukuba niselukolweni kusi-
nina; zilingeni. Anizazeli ngokwenu na,
ukuba u-Yesu Krestu ukuni? ukuba ka-
mbe aningabo abaliwayo. 6 Kodwa ndi-
yatemba ukuba niya kwazi ukuba tina
asingabo abaliwayo. 7 Kekaloku ndiya-
tandaza KUTIXO ukuba ningenzi nannye
into ekohlakeleyo; kungekukuba tina si-
bonakale singababukwayo, koko kukuba
nina nikwenze oko kufanelekileyo, nakuba
besiya kuti tina sibe njengabaliwayo. 8
Ngokuba singeyenze into ukumela innya-
niso, koko ukunceda innyaniso. 9 Ngo-
kuba sivuya, sakuba tina sibutataka, nani
ninamandhla: kanjalo oku nako siyaku-
nqwena, kwa inzaliseko yenu. 10 Ngen-
nxa yoku ndiyabàla ezizinto ndingeko
nje, ukuze nditi, nxa ndikoyo, ndingenzi
ngobukali, njengokwegunya endanikwa
lona YINKOSI, libe lelokumisa, lingabi lelo-
kucita.

11 Okuseleyo, bazalwana! vuyani, yi-
bani nizalisekile, yibani nisonwatyiswa,
yibani nokuvumelana, yibani noxolo; wa-
eya kuti UTIXO wotando noxolo abeko nani.
12 Bulisanani ngokwanga okungcwele. 13
Bonke abangcwele bayanibulisa.

14 Ufefe LWENKOSI u-Yesu Krestu, no-
tando LUKATIXO, nodhlelano lwomoya o-
yingcwele, malube nani nonke. Amene.

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMAGALATI.

## ISAHLUKO I.

UPAULUSI umpostile, (kungaveli eba-
ntwini, kungengaye umntu kanjalo,
kungaye u-Yesu Krestu, NOTIXO uyise,
owamvusa ekufeni,) 2 nabo bonke abaza-
lwana abanami, kuzo iremente zase-Galati:
3 Ufefe malube kuni, noxolo, luvela kuye
UTIXO uyise, NENKOSI yetu u-Yesu Krestu,
4 owazinikelayo ngennxa yezono zetu,
ukuze asihlangule kulo elikoyo ilizwe
elikohlakeleyo, ngokwentando yake UTIXO
nobawo wetu, 5 okuye *makubeko* ubu-
ngcwalisa kude kube ngunapakade kana-
pakade. Amene.



University of Fort Hare

6 Nditi nqa ukuba nipambuka kamsinya
kangaka kulowo owanibizayo ngofefe luka-
Krestu, *nipambuk*ela kwiyimbi ivangeli :
7 engeyiyo ennye noko; kupela bako in-
nxennye abanipitizelisayo, abafuna ukuyi-
guqula ivangeli ka-Krestu kanjalo. 8
Kodwa nakuba siti tina, umhlaumbi iti
ingelosi yasezulwini ishumayele kuni
ivangeli epambana naleyo sayishumayela
kuni, maibe yinto eqalekisiweyo. 9
Njengokuba sitshilo pambili, kwa njalo
kaloku ndibuya nditi: Ukuba umntu uya-
nishumayeza ivangeli epambana naleyo
nayamkelayo, makabe yinto eqalekisi-
weyo. 10 Ngokuba kaloku nditomalalisa
abantu, UTIXO, kusinina? umhlaumbi ndi-
funa ukukolisa abantu na? ngokuba aba-
ntu ukuba ndibe ndisakolisa bona, ndinge
ndingabi ndisisicaka sika-Krestu.

11 Kekaloku ndiyanazisa, bazalwana!
ivangeli eyabishunyayelwa ndimi ukuba
ayingokwabantu. 12 Ngokuba mina be-
ndingayamkelanga emntwini, bendinga-
yifundiswanga nakanjako, koko *ndayamke-*
*layo* ngaso isityilo sika-Yesu Krestu. 13
Ngokuba benivile ukumila kwami bendi-
fudula ndinako ebujudeni, okokuba ndibe
nditshutshisa iremente KATIXO ngento egqi-
tisileyo, ndayicita; 14 nokuba ndamana
ndihambisa ebujudeni ngapezu kwaba-
ninzi abebeyintanga 'nnye nami esizweni
sakowetu, ndizondelela kakulu ngakumbi
nje izinikelo zobawo bami.

15 Kodwa akutanda UTIXO, owandahlu-
layo kwa sezizalweni sikamá, wa*ndi*biza
ngalo ufefe lwake, 16 ukuba atyile
unyana wake pakati kwami, ukuze ndi-
shumayele yena pakati kwabaheyideni;
ndati kwa oko, andabuzana nayo innyama
negazi, 17 andanyukela e-Yerusaleme
kanjako kubo abebengabapostile pambili
kumi, koko ndemkayo ndaya e-Arabi,
ndaza ndabuyela e-Damakusi kanjako. 18
Ndandula ndati, emveni kweminyaka
mitatu, ndenyukela e-Yerusaleme ukuya
kwazana no-Petrosi, ndalibala kuye in-
tsuku zalishumi linanklanu. 19 Kodwa
omnye wakubo abapostile andambona,
kupela u-Yakobi umzalwana WENKOSI. 20
Kekaloku izinto endizibàlayo kuni, bona
ke, nditi ebusweni BUKATIXO andixoki. 21
Emveni kwoko ndeza emazweni ase-Siriya
nawase-Silisiya. 22 Kodwa ndahlala ndi-
ngaziwa ngobuso kwiremente zase-Judeya
eziku-Krestu. 23 Bebesiva ke kupela
ukuba *kwatiwa:* Lowo ubefudula esitshu-
tshisa, uyalushumayela kaloku ukolo abe-
fudula elucita. 24 Baza bamdumisa UTIXO
kumi.

2 Emveni kwoko, kuse kudhlulile imi-
nyaka elishumi linamine, ndabuya nde-
nyuka ndaya e-Yerusaleme kunye no-Bana-
basi, ndatabata na*mi* no-Titusi. 2 Ndenyu-
ka ke ngokwesityilo, ndabaxoxela ivangeli
leyo ndiyishumayelayo pakati kwabahe-
yideni, kodwa *ndabaxox*ela bebodwa abo
babenokuduma, hleze kungati ndibe ndi-
fumana ndibaleka, umhlaumbi ndibe *ndi-*
*fumane* ndabaleka. 3 Koko kwa u-Titusi
obenami, nangona ebengum-Girike, ebe-
nganyanzelwa ukwaluka: 4 kunje nje,
ngennxa yabo abazalwana ababuxoki aba-
ngenisiweyo ngasese, abo abangena ngo-
kunyebeleza ukuza kuhlola inkululeko
yetu esinayo ku-Krestu Yesu, ukuze basi-
fake ebukobokeni: 5 esati asatelela kubo
ngolulamelo *lwetu* ngexeshana noko linye,
ukuze innyaniso yevangeli iman' ukuhlala
kuni. 6 Kodwa kubo abo babebalwa
ukuba nokuduma,—into kusukuba bebe-
yiyo, asi 'nto enkulu kumi; UTIXO akabuki
isiqu samntu,—mina okunene abo babe-
nokuduma abandibonisa luto; 7 koko
bati ngelinye icala, nxa babona ukuba ndi-
patisiwe ivangeli yokungaluki, kwa nje-
ngokuba u-Petrosi *epatisiwe* eyokwaluka,
8 (ngokuba lowo wasebenzayo ku-Petrosi
ngakubo ubupostile bokwaluka, wasebenza
nakumi ngakubo abaheyideni,) 9 nxa ka-
njalo baluqonda ufefe endanikwa lona, u-
Yakobi, no-Kefasi, no-Johane, abebebalwa
ukuba zintsika, bazinikela mina no-Bana-
basi izandhla zokunene zobudhlelana; u-
kuze tina *siye* kubaheyideni, nabo bona
*baye* kwabanokwaluka: 10 *befuna* kupela
ukuba sibe siwakumbulela amahlwempu;
endati kwa yona lento ndanxamela uku-
yenza nami.

11 Kodwa akufika u-Petrosi e-Antiyoki,
ndamelana naye ngasebusweni, kuba ebe-
sekugwetyweni. 12 Ngokuba ebesiti, be-
ngekafiki abatile bevela ku-Yakobi, watya
ndawonye nabaheyideni; kodwa bakufika
bona, ebehlehla wazahlula, esoyika abo
basekwalukeni. 13 Kanjalo amanye ama-
Juda nawo ahanahanisa kunye naye; wada
no-Banabasi wakukuliswa na*wo* ngohana-
haniso lwawo. 14 Koko okuya ndabona
ukuba abalungisi ukuhamba ngokwennya-
niso yevangeli, ndati ku-Petrosi ebusweni



University of Fort Hare

babo bonke: Ukuba wena, ungum-Juda
nje, uyahlala ngesiko labaheyideni,
unga*hlali* ngesiko lama-Juda, kuyinina
ukuba uyanyanzela abaheyideni ukuze-
kela emasikweni obujuda? 15 Tina singa-
ma-Juda ngemvelo, asingaboni bakubahe-
yideni; 16 *kanti* sisazi nje ukuba umntu
akagwetyelwa ngemisebenzi yomteto, *ugwe-
tyelwa* ngalo ukolo luka-Yesu Krestu
kupela, sati tina nati sakolwa ku-Krestu
Yesu, ukuze sigwetyelwe ngokolo luka-
Krestu, kungabi ngemisebenzi yomteto;
ngenxa yokuba kungayi kugwetyelwa
namnye umntu ngemisebenzi yomteto. 17
Kodwa ukuba siti, uxa sifuna ukugwe-
tyelwa kuye u-Krestu, sifunyanwe nati
ngokwetu ukuba ngaboni, kanene u-
Krestu ungumkonzi wesono na? Kwanga
kungebe njalo! 18 Ngokuba izinto enda-
zicitayo ukuba zona ezi ndibuya ndizi-
mise, ndizibonakalisa ukuba ndingumgqiti.
19 Ngokuba mina ngawo umteto ndafa
ngakuwo umteto, ukuze ndidhle ubomi
ngakuye UTIXO. 20 Ndikuruseshiwe kunye
no-Krestu: akusendimi ke mina obudhlayo
ubomi, kodwa u-Krestu uyabudhla ubomi
kumi; nobomi endibudhlayo ngoku ennya-
meni, ndiyabudhla elukolweni, kolwonyana
KATIXO, owanditandayo, waza wazinikela
ngenxa yami. 21 Andilububisi ufefe
LUKATIXO; ngokuba ubulungisa ukuba
bungawo umteto, kukona u-Krestu wafayo
kungeko 'tuba.

3 MAGALATINDINI abudenge! ngu-
banina owaninyangayo, ukuba ninga-
yilulameli innyaniso, ekupambi kwame-
hlo enu u-Yesu Krestu wabàlelwa ekuhleni
pakati kwenu ekuruseshiwe? 2 Yona
lento kupela ndifuna ukufunda kuni:
Bekungemisebenzi yomteto na enamkela
UMOYA, bekungokuva kwokolo kusinina?
3 Nibudenge kakulu kangaka na? niqa-
lile KUMOYA nje, niti na kaloku nifeze
kwinnyama? 4 Inklungu ezinninzi ka-
ngaka nifumane naziva na? ukuba kambe
kufumana kunjalo ke. 5 Lowo ngoko
onibabalayo UMOYA, nowenzayo izenzo
zamandhla pakati kwenu, kungemisebenzi
yomteto, kungokuva kwokolo, kusinina?
6 Kwa njengokuba u-Abrahame wakolwa
NGUTIXO, kwaza kwambalelwa kube kukulu-
nga. 7 Yazini ngoko ukuba abo baseluko-
lweni, bona aba balusapo luka-Abrahame.
8 Kanjako isibàlo, sibona ngapambili nje
ukuba UTIXO uyabagwebela abaheyideni
ngokolo, sashumayela kwa pambili indaba
ezilungileyo ku-Abrahame, *sisiti:* Ziya
kutanyusanqelwa ngawe zonke inklanga.
9 Kwa njalo ke abo baselukolweni
bayatanyusanqelwa kunye no-Abrahame
okolwayo.

10 Ngokuba bonke abangabakuyo imi-
sebenzi yomteto bepantsi kwesiqalekiso:
ngokuba kubàliwe *ukuti:* Uqalekisiwe
osukuba engahlali kuzo zonke izinto ezibà-
liweyo ennewadini yomteto ukuba azenze.
11 Kodwa, ukuba emtetweni akuko 'mntu
ogwetyelwayo pambi KWOTIXO, kuseku-
hleni; kuba, Olungileyo uya kupila
ngokolo. 12 Kekaloku umteto awuveli
elukolweni; koko, Umntu ozenzayo zona
uya kupila ngazo. 13 U-Krestu wasikulula
esiqalekisweni somteto, ngokwenziwa
isiqalekiswa esikundhleni setu, (ngokuba
kubàliwe *ukuti:* Uqalekisiwe osukuba
exòmeka emtini,) 14 ukuze itamsanqa
lika-Abrahame lize kufika kubaheyideni
kuye u-Krestu Yesu; ukuze sisamkele
isibambiso SOMOYA ngalo ukolo.

15 Bazalwana! ndiyateta njengokwa-
bantu: Ukuba lucebano lwomntu, noko
lwakuba luqinisiwe, akuko 'mntu olu-
bubisayo umhlaumbi olwalekelayo into.
16 Kekaloku amadinga ebetetwa ku-Abra-
hame, nakuyo inzalo yake. Akatsho ukuti:
Nakuzo inzalo, njengokuba *ebeteta* ngazo
ezinninzi; koko njengokuba *ebeteta* ngayo
ennye: Nakuyo inzalo yako, enguye u-
Krestu. 17 Nditsho ke oku ukuti, uce-
bano oluqinisiwe pambili NGUTIXO *luqini-
selwa* u-Krestu, umteto, obubako emveni
kweminyaka engamakulu mane anama-
shumi matatu, awulutshitshisi, ukuba
ulitshabalalise idinga. 18 Ngokuba ilifa
ukuba livela emtetweni, alisaveli edingeni:
kodwa UTIXO walipa u-Abrahame ngalo
idinga.

19 Uti nina pofu umteto? Ubusonge-
zwa ngenxa yezigqito, ide ifike inzalo
ebekelweyo idinga, wamiselwa ngazo ingo-
losi, esandhleni somlamli. 20 Kekaloku
umlamli akangowomnye; kodwa UTIXO
umnye. 21 Pofu umteto umela amadinga
KATIXO na? Kwanga kungebe njalo!
ngokuba ke, ukuba bekunikiwe umteto
onamandhla okunika ubomi, okunene
ubulungisa bunge buvele emtetweni. 22
Koko isibàlo sabavalela ndawonye kwa
bonke ngapantsi kwesono, ukuze idinga



University of Fort Hare

elingokolo luka - Yesu Krestu lunikwe
kwabo bakolwayo. 23 Kekaloku lungeka-
fiki ukolo, sibe sigcinwa sivalelwe ndawo-
nye ngapantsi kwomteto *sigcin*elwa ukolo
olube luza kutyilwa. 24 Kwa njalo ke
umteto ubungumkapeli wetu ku-Krestu,
ukuze sigwetyelwe ngokolo.
25 Kodwa ukolo selufikile nje, asisabi
ngapantsi kwomkapeli. 26 Ngokuba ni-
ngonyana BAKATIXO nonke ngalo ukolo
kuye u-Krestu Yesu. 27 Ngokuba nonke
nina enabapitizeshelwayo ku-Krestu, nam-
ambata u-Krestu. 28 Akuko um-Juda,
akuko nom-Girike ; akuko ikoboka, akuko
nokululekileyo ; akuko indoda nenkazana :
ngokuba nina nonke nibanye kuye u-Krestu
Yesu. 29 Kodwa ukuba ningabaka-Krestu,
kukona niyinzalo ka-Abrahame, nendhla-
lifa ngokwedinga.

4 KEKALOKU nditi : Lonke ixesha oyin-
dhlalifa asengumntwana ngalo, akahlu-
ki kwikonza nganto, nakuba eyinkosi yako
konke ; 2 koko engapantsi kwabondhli
namagosa, kude kube lixesha elimisiweyo
nguyise. 3 Kwa njalo nati, okuya sibe si-
ngabantwana, sibe sisebukonzweni ngapa-
ntsi kwazo iziqalelo zelilizwe : 4 kodwa
okuya ukuzaliseka kwexesha bekufikile,
wati UTIXO watuma unyana wake, ezelwe
ngomfazi, ezelwe ngapantsi kwomteto, 5
ukuze abo babengapantsi kwomteto abaku-
lule, ukuze sibamkele ubunyana. 6 Kanja-
lo ukuba ningonyana, wati UTIXO watumela
ezinkliziywenu zenu UMOYA wonyana wake,
ebiza *ukuti :* Aba, Bawo ! 7 Kwa njalo ke
akusabi likonza, ungunyana ; nokuba u-
ngunyana, uyindhlalifa KATIXO ngaye u-
Krestu kanjako.
8 Kodwa oko okunene, ningamazi nje
UTIXO, nakonza abo bangengotixo ngem-
velo. 9 Kodwa kaloku, nakuba nima-
zile UTIXO, ewe pezu kwoku nakuba
naziwe NGUTIXO, yinina ukuba nibuya
nigukuqele kwezoziqalelo ezibutataka ezi-
buhlwempu, enifuna ukuzikonza kanjako
ngokutsha ? 10 Niyakutala ukugcina imi-
hla, nennyanga, namaxesha, neminyaka.
11 Ndinokwoyika ngani, ukuba kungati
ndifumane ndanisebenzela.
12 Ndiyanitandaza, bazalwana ! yibani
njengami, kuba nami ndiba njengani.
Anandona nganto. 13 Ewe niyazi ukuba
bekungennxa yobulwelwe bennyama *yami*
endayishumayela ivangeli kuni matanci :
14 nesilingo sami esibe sisennyameni
yami anasidela, anasicekisa nokusicekisa ;
koko nandamkelayo njengengelosi KATIXO,
njengo-Krestu Yesu. 15 Bebubobanina
ngoko ubutamsanqa enati ninabo ? kuba
ndininqinela okokuba ningo nito, ukuba
bekusenzeka, nawadonyula amehlo enu,
nawapa mina. 16 Ndize ndaba lutshaba
lwenu na, ndinitetela innyaniso nje ?
17 Bayanizondelela ke, kungengandawo
efanelekileyo ; ewe bayafuna ukunivalela
ngapandhle, ukuze nibazondelele bona.
18 Kodwa kulungile ukuba kuzondele-
lelwe ngokufanelekileyo ngamaxesha onke,
kungekokuya ndikoyo kuni kodwa. 19
Lusatshana lwami ! endinennimba yoku-
nizala kanjako, ade u-Krestu afanekiselwe
kuni, 20 bendingatandayo okunene uku-
bako kuni kaloku, nokuguqula ilizwi lami,
kuba ndixakekile ngani.
21 Ndixeleleni, nina nitandayo ukuba
ngapantsi kwomteto, aniwuva na umteto ?
22 Ngokuba kubàliwe ukuba u-Abrahame
ebenonyana ababini ; omnye ngekoboka-
kazi, nomnye ngomfazi okululekileyo. 23
Koko lowo wekobokakazi ebezelwe ngo-
kwennyama ; kodwa lowo womfazi okulu-
lekileyo *wazalwa* ngalo idinga. 24 Eziti
ezizinto zitetwa ngokulinganisela ; ngo-
kuba aba*bafazi* bezingcebano ezimbini ;
olunye luvela entabeni ye-Sinai, luzalela
ubukoboka, oluti lona lungu-Hagare : 25
(ngokuba eli*gama* u-Hagare liyintaba ye-
Sinai e-Arabi :) kanjalo uyalungelelana
ne-Yerusaleme ekoyo ngoku, eti ke ikonze
ndawonye nabantwana bayo. 26 Kodwa
i-Yerusaleme epezulu ikululekile, eti yona
ingumá wetu sonke. 27 Ngokuba kubà-
liwe *ukuti :* Vuya, lndhlolokazi olungaza-
liyo ! gqabuka udanduluke, wena ungenan-
nimba ! ukuba bebaninzi abantwana balo-
wo oyedwa ngapezu kwabalowo onendoda.
28 Kodwa tina, bazalwana ! njengokuba
u-Yisake ebenjalo, singabantwana bedi-
nga. 29 Kuloko njengokuba oko lowo
ubezelwe ngokwennyama watshutshisa
lowo *ubezelwe* NGOKWOMOYA, kukwa njalo
nakaloku. 30 Noko siti nina isibàlo ?
Gxota ikobokakazi nonyana walo ; ngo-
kuba unyana wekobokakazi engasayi
kulidhla ilifa ndawonye nonyana womfazi
okululekileyo. 31 Ngako ke, bazalwana !
asingabantwana bekobokakazi, singabake
umfazi okululekileyo.



University of Fort Hare

5 QINISANI ukuma ngoko kulonkulu-
leko usenzile sikululekile ngayo u-
Krestu, nize ningabuyi nibanjelwe eyo-
kweni yobukoboka.
2 Kangela, mina 'Paulusi nditi kuni:
Xeshekweni nalukayo, u-Krestu akayi ku-
ninceda luto. 3 Ewe ndiyanqina kanjako
kumntu osukuba esaluka, ukuba unetyala
lokuba awenze wonke umteto. 4 Nahlu-
kanisiwe no-Krestu, nina enifun' ukugwe-
tyelwa emtetweni; niwile elufefeni. 5
Ngokuba tina ngaye UMOYA silinda itemba
lobulungisa ngokolo. 6 Ngokuba kuye
u-Krestu Yesu kungekukwaluka okuna-
mandhla nganto, kungekukungaluki naka-
njako, kulukolo olusebenzayo ngalo utando.
7 Nibe nibaleka kakuhle: ngubanina
owaninqandayo ukuba ningayilulameli
innyaniso? 8 Esisicengo asiveli kulowo
unibizayo. 9 Igwele elincinane liyabi-
lisa lonke isimba lenklama. 10 Mina ke
ndinokutemba ngakuni ENKOSINI, ukuba
aniyi kunyamekela into yimbi: kodwa
lowo unipitizelisayo uya kutwala ukugwe-
tywa *kwake*, noko angubanina. 11 Kodwa
mina, bazalwana! ukuba ndisashumayela
ulwaluko, yinina ukuba ndisatshutshiswa?
kukona sitshabaleleyo isixakaniso seku-
ruse. 12 Akwaba bebeya kuzinqamla ke
*kuni* abo banixalisayo!
13 Ngokuba nina benibizelwe inkulu-
leko, bazalwana! ize kodwa ninga*pati*
inkululeko *yenu* ibe lituba kwinnyama,
niti nikonzelane ngalo utando. 14 Ngo-
kuba wona umteto wonke uzalisekiswa
kwilizwi linye, kwelokuti: Uya kutanda
ummelwane wako njengokuzi*tanda* kwako.
15 Kodwa ukuba niti nilumane nidhlane,
lumkani ukuba ningagqityelwa omnye
ngomnye.
16 Kekaloku nditi: Hambani NGOMOYA,
naye ningayi kwandula inkanuko yennya-
ma niyifeze. 17 Ngokuba yona innya-
ma ikanukela ngakuye UMOYA, naye UMOYA
*ekanukela* ngakuyo innyama: ezi ke ziya-
pambana ennye nennye, ukuze ningazenzi
izinto enisukuba nitanda *ukwenza* zona.
18 Kodwa ukuba niyakokelwa NGUMOYA,
aningapantsi kwomteto.
19 Kekaloku imisebenzi yennyama iya-
bonakala, eyiyo enje: urexezo, umbulo,
ubuncola, ubutshinitshini, 20 inkonzo
yezitixo, ukutakata, ubutshaba, amapike,
inzondelano, imisindo, inkani, imbamba-
niso, izahlukano, 21 umona, izibulalo,
ukunxila, imihlali yobusuku, nezinto ezi-
njengezi; enditi pambili ngazo kuni, kwa
njengokuba ndise nditshilo kanjako, abo
bazenzayo izinto ezinjalo abayi kulidhla
ilifa lobukumkani BUKATIXO.
22 Kodwa isiqamo SOMOYA silutando,
uvuyo, uxolo, ukuzeka kade, ububele,
ukulunga, inkolo, 23 ululamo, ubuncatu;
ekungeko 'mteto omela izinto ezinjalo.
24 Bate kekaloku abaka-Krestu innyama
bayikurusesha kunye nemilo *yayo* nenka-
nuko *zayo*. 25 Ukuba siyabudhla ubomi
NGOMOYA, masiti kanjalo sihambe NGOMOYA.
26 Masingabi ngabazidhlayo, sitelekisana,
sinomona omnye kwomnye.

6 BAZALWANA! xeshekweni umntu
aka abaqelwe sisiposo, yitini nina
ningaBOMOYA nilungise onjalo emmoyeni
wolulamo; wena uzigqala nje, hleze
nawe uzingwe. 2 Twalani omnye ubunzima
bomnye, niti ngokunjalo niwufeze umteto
ka-Krestu. 3 Ngokuba umntu ukuba uba
uyinto, nxa angento, ekohlisa eyake inkli-
ziyo. 4 Kodwa bonke ngabanye maba-
linge owabo umsebenzi, baye beya kuti
oko babe nako bangaqayisayo ngako ko-
kwabo bodwa, kungekokwabanye abantu.
5 Ngokuba bonke ngabanye beya kutwala
owabo umtwalo.
6 Kodwa makati lowo ufundiswayo ili-
zwi abelane nalowo ufundisayo kuzo zonke
izinto ezilungileyo. 7 Ize ningakohliswa
ke: UTIXO akanakuhlekwa; ngokuba oko
asukuba ekuhlwayela umntu, kona oku
uya kukuvuna kanjalo. 8 Kuba ohlwaye-
lelayo eyake innyama eya kuti kwā kuyo
innyama avune ulwonakalo; kodwa ohlwa-
yelelayo UMOYA woti kwa kuye UMOYA
avune ubomi obungunapakade. 9 Kodwa
masingadinwa sisenza okulungileyo; ngo-
kuba siya kuti ngexesha elifanelekileyo
sivune, ukuba *kaloku* asicubuki. 10 Ngako
ke, njengokuba sinalo ituba, masenze oko
kulungileyo kubo bonke, kube kakulu
kodwa kubo abangabendhlu yokolo.

11 BONANI amagama amakulu kanga-
kanana endibàlileyo ngawo kuni ngesami
isandhla. 12 Bonke abafunayo ukwenza
ukubonakala okuhle ennyameni, bona
aba bayaninyanzela ukwaluka; kukodwa
ukuze bangatshutshiselwa ikuruse ka-
Krestu. 13 Ngokuba kwa bona abalu-
kayo bengabambi umteto ngokwabo; koko



University of Fort Hare

befuna ukuba nina naluke, ukuze baqa-
yise ennyameni yenu. 14 Kodwa makube
lé kumi ukuba ndiqayise, kupela *ndiqayise*
ekuruseni YENKOSI yetu u-Yesu Krestu,
ekungaye ilizwe likuruseshiwe kumi,
nami *ndikuruseshiwe* kwilizwe. 15 Ngokuba
kuye u-Krestu Yesu kungekukwaluka
okunamandhla nganto, kungekukungaluki
nakanjako, kusisidalwa esitsha. 16 Nabo
bonke abahambayo ngalommiso, uxolo
malube pezu kwabo, nobubele, napezu
kwobu-Sirayeli BUKATIXO.

17 Kaloku makungabi sabiko 'mntu
ondikatazayo: ngokuba mina ndizitwala
izibanda ZENKOSI u-Yesu emzimbeni wami.

18 Ufefe LWENKOSI yetu u-Yesu Krestu
malube nommoya wenu, bazalwana!
Amene.

---

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI
# KUWO AMAEFESE.

## ISAHLUKO I.

UPAULUSI, umpostile ka-Yesu Krestu
ngayo intando KATIXO, kubo aba-
ngcwele abase-Efese nabakolwayo ku-
Krestu Yesu: 2 Ufefe malube kuni,
noxolo, luvela KUTIXO ubawo wetu, NEN-
KOSI u-Yesu Krestu.

3 Makabongwe yena UTIXO noyise WEN-
KOSI yetu u-Yesu Krestu, owasitamsanqe-
layo ngawo onke amatamsanqa abumoya
kwezasezulwini *indawo* ku-Krestu: 4 nje-
ngokuba wasiqashayo kuye lingekamiswa
ilizwe, ukuba sibe singcwele simsulwa
pambi kwake elutandweni; 5 esimisele
ukumiswa kwobunyana kwa pambili nje
ngaye u-Yesu Krestu kwa kuye ngokwake,
ngokwenkoliso yentando yake, 6 kube
kukudunyiswa kwobungcwalisa bofefe
lwake, ekukulo wasipa ufefe kotandiweyo;
7 esiti kuye sinalo ukululwa ngalo igazi
lake, uxolelwa lweziposo *zetu*, ngokwobu-
tyebi bofefe lwake, 8 owalwenzayo lukο-
lise ukusandela kubo bonke ubulumko
nobutelekelelo; 9 esazisile nje imfihla-
kalo yentando yake, ngokwenkoliso yake
owazicingelayo yona ngokwake, 10 ngalo
ulwabo lwenzaliseko yamaxesha, kuze ku-
buye kuhlanganiselwe ndawonye zonke
izinto kuye u-Krestu, nezo zisezulwini nezo
zisemhlabeni, kwa kuye yena; 11 eku-
kuye kanjalo sazuziswa ilifa, simiselwe
pambili nje ngokwemvume yake ozenzayo
zonke izinto ngokwecebo lentando yake;
12 ukuze tina sibe ngennxa yokudunyi-
swa kwobungcwalisa bake, tina ke esite-
mbileyo pambili kuye u-Krestu: 13 eku-
kuye nani, nakuva ilizwi lennyaniso,
ivangeli yosindiswa lwenu,—ekukuye,
nakukolwa kanjalo, nancanyatiselwa ngo-
moya oyingcwele wedinga, 14 osisiba-
mbiselo selifa letu, kube kukukululwa
kwemfuyo *yake* etengiweyo, kube kuku-
dunyiswa kwobungcwalisa bake.

15 Ngennxa yoku nami, ndakuva inkolo
eninayo KWINKOSI u-Yesu, notando *lwenu*
olungakubo bonke abangcwele, 16 andi-
pezi ukubulela ngennxa yenu, ndinika-
nkanya nje emitandazweni yami; 17 ukuba
UTIXO WENKOSI yetu u-Yesu Krestu, UYISE
wobungcwalisa, aninike UMOYA wobulumko
nesityilo, ekumazini yena; 18 amehlo en-
gqondo yenu ekanyiselwe nje, ukuba nazi
into liyiyo itemba lobizo lwake, nento
buyiyo ubutyebi bobungcwalisa belifa lake
pakati kwabo abangcwele, 19 nento bu-
yiyo ubukulu obudhluliseleyo bamandhla
ake ngakuti tina sikolwayo, ngokwokuse-
benza kwamandhla obomelelo bake, 20
oko wakusebenzayo ku-Krestu, akumvusa
kwabafileyo; waza wamhlalisa kwesoku-
nene sake kwezasezulwini *indawo*, 21
pezulu pezu kwabo bonke ubupati, negu-
nya, namandhla, nobukosi, nawo onke ama-
gama abizwayo, kungekwelilizwe likoyo
lodwa, kukwelo liza kuza nalo; 22 wabeka
pantsi zonke izinto ngapantsi kwenyawo
zake; wamnika abe yinkloko pezu kwe-
zinto zonke kwiremente, 23 eti yona
ingumzimba wake, ubuzala balowo uzali-
sayo konke ngako konke.



University of Fort Hare

rara, nomsindo, noqumbo, nengxolo, no-
gxeko, kunye nalo lwonke ulunya; 32
kodwa yibani ninobubele omnye kwom-
nye, ninenceba, nixolelana, njengokuba
ete NOTIXO ku-Krestu waxolela nina.
5 Yitini ngoko nibe ngabalandeli BAKA-
TIXO, njengabantwana abatandiweyo;
2 nihambe elutandweni, njengokuba no-
Krestu wasitandayo tina, wazinikela ngen-
nxa yetu, umnikelo nedini KUTIXO, abe
livumba elimnandi.
3 Kodwa umbulo, nako konke ukuncola,
nokubawa, makungake kukankanywe pa-
kati kwenu, njengokuba kufanele aba-
ngcwele; 4 kwa nobureletyo, nokubidiza,
nokucika, izinto ezingafanelekileyo; koko
ngokukumbi *makubeko* ukubulela. 5 Ngo-
kuba oku ninokukwazi, ukuba akuko
namnye owenza umbulo, umhlaumbi o-
ncolileyo, umhlaumbi olibawa, elingum-
konzi wezitixo, onalo ilifa ebukumkanini
bake u-Krestu NOTIXO. 6 Makungabiko
'mntu onikohlisayo ngamazwi angendawo:
ngokuba ngennxa yezizinto umsindo KATIXO
usiza pezu kwalo usapo lwokungeva. 7
Ize ngoko ningabi ngamakolwane alo.
8 Ngokuba benifudula nibubumnyama,
kodwa kaloku nikukukanya ENKOSINI: ha-
mbani njengabantwana bokukanya, (9 ngo-
kuba isiqamo SOMOYA sikuko konke uku-
lunga, nobulungisa, nenyaniso,) 10 nilinga
ukuba yinto nina ekolekileyo KWINKOSI. 11
Ize ke ningabi nabudhlelana nayo imise-
benzi eputileyo yobumnyama, keniti kodwa
ngokukumbi niyohlwaye. 12 Ngokuba
izinto ezenziwayo ngabo ngasese, kuyinto
embi nokuziteta. 13 Kodwa zonke *ezi-
zinto* zakuba zisohlwayiwa, ziyabonaka-
liswa kuko ukukanya: ngokuba konke
okubonakalisayo kukukukanya. 14 Ngako
oko uti: Vuka wena uleleyo! usuke kwaba-
fileyo, waeya kuti u-Krestu akukanyisele.
15 Lumkani ngoko ukuba niti nina
ukuhamba ngokukutala, kungabi njenga-
bangalumkileyo, kube njengabalumkileyo,
16 nizitengela ituba nje, kuba imihla mibi.
17 Ngennxa yoku ningabi zizidenge, nibe
niqonda into iyiyo intando YENKOSI. 18
Kanjalo ninganxili yiveyine, okukoyo
ngako ububedengu; niti nizaliswe NGO-
MOYA; 19 niteta omnye nomnye ngama-
culo, nangengoma zokudumisa, nangezi-
vumo ezibumoya, nivuma nicula nokucula
enkliziyweni yenu KWINKOSI, 20 nibulela
ngamaxesha onke ngennxa yazo zonke
izinto kuye UTIXO noyise, egameni LENKOSI
yetu u-Yesu Krestu, 21 nilulamela omnye
kwomnye ekwoyikeni UTIXO.
22 Nina 'bafazi! lulamelani kwawenu
amadoda, njengakuyo INKOSI; 23 ngokuba
indoda iyinkloko yomfazi *wayo*, njengokuba
naye u-Krestu eyinkloko yeremente, ekwa
nguye ongumsindisi womzimba. 24 Ku-
kona njengokuba yona iremente ilulamela
ku-Krestu, kwa njalo nabo abafazi *mabalu-
lamele* kwawabo amadoda kuko konke.
25 Nina 'madoda! tandani abenu aba-
fazi, njengokuba naye u-Krestu wayitanda
iremente, wazinikela ngennxa yayo; 26
ukuze ayenze ngcwele, e*yi*hlanzile nje
ngokuhlamba kwamanzi elizwini, 27 ukuze
ayimisele kwa kuye ibungcwalisa, yona
iremente, ingenabala, ingenambibi, inge-
nannye yezinto ezinjalo; koko ukuze ibe
ngcwele, ibe msulwa. 28 Ngokunjalo
amadoda afanelwa kukutanda abawo abafazi,
njengeyawo imizimba. Otandayo owake
umfazi, uyazitanda yena. 29 Ngokuba
kungeko 'mntu owaka watiya eyake in-
nyama; uti ayondhle, ayonge, njengokuba
nayo INKOSI *isenzela njalo* iremente: 30
kuba singamalungu omzimba wayo, kwin-
nyama yayo, nakwamatambo ayo. 31
Ngennxa yoku umntu uya kushiya uyise
nonina, anamatele emfazini wake, boti abo
'babini babe yinnyama 'nnye. 32 Imfi-
hlakalo le yenkulu; mina kodwa ndiyateta
ndibeka kuye u-Krestu nakuyo iremente.
33 Noko ke nani abanye ngabanye, makati
omnye nomnye enje njalo ukutanda owake
umfazi njengokuba ezi*tanda* yena; naye
umfazi, makahlonele indoda *yake*.
6 Nina 'bantwana! yivani abazali benu
ENKOSINI; ngokuba oku kufanelekile.
2 Beka uyihlo nonyoko, (oti lo ungumya-
lelo wokuqala unedinga,) 3 ukuze kulunge
kuwe, nokuba uhlale kade emhlabeni apa.
4 Nani, boyise! ningavuseli abantwana
benu ingqumbo; niti nibondhlele eku-
lulekeni nasekuyaleni KWENKOSI.
5 Nina 'makonza! yivani abazinkosi
*zenu* ngokwenyama, ninokwoyika noku-
tutumela, ngolungelelwano lwenkliziyo
yenu, *nisenje njalo* njengakuye u-Krestu; 6
kungabi ngenkonzo yamehlo njengabako-
lisabantu, kube njengamakonza ka-Krestu;
nisenza intando KATIXO kwa ngen-
kliziyo; 7 nikonza ngokutanda, njenga-
kuyo INKOSI, kungekubo abantu; 8 nisazi
nje ukuba into elungileyo asukuba eyenza



University of Fort Hare

umntu, yona le uya kubuya ayamkele
KWINKOSI, nokuba ulikonza, nokuba ungo-
kululekileyo.
9 Nani, zinkosi! izinto ezikwa zizo ze-
nzeni kuwo, niyeka ukusongela: nisazi
nje ukuba kwa neyenu inkosi isezulwini,
nokuba akuko ukuketa abantu kuyo.

10 OKO kuseleyo, bazalwana bami!
yibani nokwomelezeka ENKOSINI, nasema-
ndhleni obomelelo bayo. 11 Yambatani
konke ukuxòba KUKATIXO, ukuba nibe
namandhla ukuma ngakuwo amaqinga
ka-Satane. 12 Ngokuba ukulwa kwetu
kuungengakuyo innyama negazi, kunga-
kubo abanobupati, ngakubo abanegunya,
ngakubo abapatilizwe bobumnyama beli-
lizwe likoyo, ngakubo omoya benkohla-
kalo kwezasezulwini *indawo*. 13 Ngen-
nxa yoku tabatani konke ukuxòba KUKA-
TIXO, ukuze nibe namandhla ukumela
emhleni ombi, nokuti nikufezile kwa
konke nje nime. 14 Yimani ngoko, nisi-
binqile isinqe senu ngennyaniso, nisambete
nesigcinisifuba sobulungisa, 15 nennyawo
*zenu* nizifakile izihlangu zokulungiselela
kwevangeli yoxolo; 16 pezu kwazo zonke
*ezizinto*, nilitabatile ikaka lokolo, eniya
kuba namandhla ngalo ukucima zonke
intolo ezitshayo zokohlakeleyo; 17 nize
namkele umnqwazi wosindiso, nesirele
SOMOYA, esililizwi LIKATIXO; 18 nitandaza
ngamaxesha onke KUMOYA ngako konke
ukutandaza nokukunga, nipapamela kwa
yona lento, kuko konke ukuzingisa noku-
kunga ngennxa yabo bonke abangcwele;
19 *nikungela* kwa nami, ukuba ndinikwe
ilizwi ekuvuleni umlomo wami, ndize
nditi ngokukalipa ndiyazise imfihlakalo
yevangeli, 20 enditi ngennxa yayo ndisi-
situnywa emxokolelwaneni: ukuba kuyo
nditete ngokukalipa, njengoko ndifanele
ukuteta ngako.
21 Kodwa ukuze nizazi nani indawo
zami, ukuba kunjanina ukuhlala kwami,
uya kunazisa zonke izinto u-Tikikusi,
ongumzalwana otandiweyo nomkonzi o-
nyanisekileyo ENKOSINI; 22 endimtumele
kwa yona lento kuni, yokuba nikuqonde
okwetu, nokuba azonwabise inkliziyo zenu.
23 Uxolo malube kubo abazalwana,
notando ndawonye nokolo, luvela KUTIXO
uyise NENKOSI u-Yesu Krestu. 24 Ufefe
malube nabo bonke abatandayo INKOSI
yetu u-Yesu Krestu kokungenakwonakala.
Amene.

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMAFILIPI.

## ISAHLUKO I.

UPAULUSI no-Timote, izicaka zika-
Yesu Krestu, kubo bonke abangcwele
ku-Krestu Yesu abase-Filipi, kunye naba-
lindi nabakonzi: 2 Ufefe malube kuni,
noxolo, luvela kuye UTIXO ubawo wetu,
NENKOSI u-Yesu Krestu.
3 Ndiyabulela KUTIXO wami pezu kwako
konke ukunikumbula kwami, 4 ndisenza
ukukunga *kwami* ngovuyo, ngamaxesha
onke, kuzo zonke izikungo zami ngennxa
yenu, 5 pezu kwobudhlelana benu nga-
kuyo ivangeli kuselokwomhla wokuqala
kwada kwakaloku nje; 6 ndinokutemba
kwa yona lento, ukuba lowo uqalileyo
kuni umsebenzi olungileyo, uya ku*wu*feza
kude kube ngumhla ka-Yesu Krestu; 7
kwa njengokuba kufanelekile kumi ukuba
ndikumbule oku ngani nonke, ngennxa
yokuba ndinani enkliziyweni yami; nina
nonke nje, nasekubanjweni kwami, na-
kuko ukutetelela nokuqinisa ivangeli, ni-
ngababelwa kolwami ufefe kunye *nami*.
8 Ngokuba UTIXO elinqìna lami, ukuba
nditi nina ukunilangazelela nonke embi-
lini ka-Yesu Krestu. 9 Kanjalo oku ndi-
yakutandazela, ukuba utando lwenu luko-
lise ukwanda ngento enkulu kakulu nga-
kumbi ekwazini na*kuko* konke ukuva, 10
ukuze niziqiqe izinto ezigqitiseleyo, ukuba



University of Fort Hare

nibe ningewengekile ningenatyala kude
kube semhleni ka-Krestu; 11 nizalisiwe
ziziqamo zobulungisa, ezingaye u-Yesu
Krestu, kube kukudunyiswa nokubongwa
KUKATIXO.
12 Kekaloku ndifuna ukunga ningazi,
bazalwana! ukuba indawo zami zihlele
ukubanjiswa kwevangeli ngapezu *kwoku-
tintelwa kwayo;* 13 ide yati imibambo
yami yaba ibonakala ku-Krestu kuyo yonke
ilali yomkosi wakwomkulu, nakubo bonke
abanye; 14 nokuba into enninzi yabo
abazalwana, bezuza itemba ENKOSINI nge-
mibambo yami, bayakalipa kakulu nga-
kumbi ukuliteta ilizwi bengenakwoyika.
15 Innxennye okunene iyashumayela u-
Krestu ngennxa yomona nepike, nen-
nxennye kanjalo ngennxa yenkolelo:
16 abanye ke bayashumayela u-Krestu
ngenkani, beng*enzi* ngendawo engewengi-
leyo, beba baya kwongezelela ubunzima
emibanjweni yami; 17 kodwa abanye *ba-
yamshumayela* ngotando, besazi ukuba ndi-
miselwe ukutetelela ivangeli. 18 Yinto
nina pofu? noko ngendawo zonke, nokuba
kungokuzenzisa, nokuba kungennyaniso,
u-Krestu uyashunyayelwa; nakuko oku
ndiyavuya, ewe, ndoman' ukuvuya kanjalo.
19 Ngokuba ndisazi ukuba oku kwoba
yinzuziso yosindiswa lwami, ngako uku-
kunga kwenu nokwonga kwomoya ka-Yesu
Krestu, 20 njengokwokulangazelela noku-
temba kwami, ukuba andiyi kudaniswa
nganto, koko *ukuba* ngokukalipa konke,
njengasemaxesheni onke, kwa njalo naka-
loku, u-Krestu uya kuzukiswa emzimbeni
wami, nokuba kungokudhliwa kwobomi,
nokuba kungokufa.
21 Ngokuba kumi ukudhla ubomi ku-
ngu-Krestu, nokufa kuyinzuzo. 22 Kodwa
ukuba ukudhla ubomi ennyameni, *ukuba*
oku kusisiqamo somsebenzi wami, sendi-
ngazi ke ukuba ndiya kuqasha 'nto nina.
23 Ngokuba ndixingiswa zezizinto zombi-
ni, ndinayo inkanuko yokunduluka, noku-
bako no-Krestu; ngokuba *oko* kugqitisile
kakulu ngokulunga. 24 Kodwa ukuhlala
ennyameni kuyafuneka ngakumbi ngennxa
yenu. 25 Kanjalo ndinokutemba oku nje,
ndiyazi ukuba ndiya kuhlala ndilibale apa
kunye nani nonke kubo kukubanjiswa
kwenu nokuvuya elukolweni, 26 ukuze
uqayiselo lwenu lukolise ukwanda ku-Yesu
Krestu kumi, ngako ukubako kwami kuni
kanjako.

27 Kupela ke, ukuzipata kwenu makube
kokufanele ivangeli ka-Krestu; ukuze
nditi, nokuba ndiyeza ndinibone, nokuba
ndihlala ndingeko, ndikuve okwenu, ukuba
nimi emmoyeni 'mnye, nizamela ukolo
lwevangeli kwa kunye ngenkliziyo 'nnye,
28 ningenakwetuswa nganto ngabalane
*benu:* okuti oko kubo kusisiboniso sentsha-
balalo, kodwa kuni kusesosindiswa, kunje
nje kuvela KUTIXO: 29 ngokokuba kwapiwa
nina ukuti ngennxa ka-Krestu, kungabi
kukuba nikolwe kuye kodwa, kukuba niti
kanjako ngennxa yake nive inklungu: 30
ninako okona ukulwa nje enakubonayo oku-
njalo kumi, nenivayo kaloku *ukuba* kukumi.

2 UKUBA ngoko kuko ulwonwabiso
ku-Krestu, ukuba kuko intutuzelo
yotando, ukuba kuko ubudhlelana BOMOYA,
ukuba kuko inceba nezibele, 2 zalisani
uvuyo lwami, ukuba nibe nokuvumelana,
ninotando olukwa lulo, ninompefumlo
'mnye, ninyamekela into ekwa 'nnye; 3
ningenzi luto ngokwenkani umhlaumbi
ngokwokuzidhla, koko ngokutobeka kwen-
kliziyo abanye bebalela abanye ukuba
bayabagqitisela. 4 Maniti nonke ngaba-
nye ningagqali ezenu izinto, koko nonke
ngabanye *migqale* nezabanye.
5 Lennyamekelo okunene maibeko ku-
ni, ebiko nakuye u-Yesu Krestu: 6 obete,
esebumeni BUKATIXO nje, akaba kuyinto
yokubanjwa ukulingana kwake NOTIXO,
7 koko wazincipekisa, watabata ubume
besicaka, wenziwa ekufaneni kwabantu;
8 waza efunyenwe enesimilo njengomntu,
wazitobisa, waba elulamile kwada kwase-
kufeni, ewe ekufeni kwekuruse. 9 Ngako
oko kanjalo UTIXO wampakamisa kakulu,
wampa igama elipezulu kuwo onke ama-
gama; 10 ukuze egameni lika-Yesu kutobe
onke amadolo, awe*zinto* zasezulwini, nawe-
zasemhlabeni, nawezapantsi kwomhlaba;
11 nokuba zonke ilwimi zivume ukuba u-
Yesu Krestu UYINKOSI, kube kukudunyiswa
KUKATIXO uyise.
12 Kwa njalo ke, bazalwana bami! nje-
ngokuba nibe nilulamile ngamaxesha onke,
kungabi njengokuya ndikoyo kodwa, kube
kaloku kakulu ngakumbi okuya ndinge-
koyo, fezani olwenu usindiswa ninokwo-
yika nokututumela: 13 ngokuba UTIXO
enguye osebenzayo kuni, kwa nokutanda
nokwenza, ngennxa yenkoliso *yake.* 14
Zonke izinto zenzeni ningenakurora noku-



University of Fort Hare

pikisana; 15 ukuze nibe ningenatyala, ni-
ngenamaqokolo, nilusapo LUKATIXO olungo-
hlwayekiyo, pakati kwaso isizukulwana
esigoso nesigwenxa, eniti pakati kwabo
nibonakale njengezikanyiso elizweni, 16
nisolulisa ilizwi lobomi; ndize ndibe nento
yokuqayisela emhleni ka-Krestu, ukuba
andifumane ndabaleka, andifumane ndase-
benza kanjako.
17 Koko ukuba ndika nditululwe pezu
kwedini nesikonzo senkolo yenu, ndivuya,
ndivuyelane nani nonke. 18 Nangennxa
yelituba vuyani nani, nivuyelane nami.
19 Kodwa ndiyatemba ENKOSINI u-Yesu
ukutuma kuni u-Timote kamsinya, ukuze
nditi nami ndinyamnyeke, ndakukwazi
okwenu. 20 Ngokuba ndingenamnye
onkliziyo ifana *neyami*, oya kuti ngobunya-
niso akatalele okwenu. 21 Ngokuba bonke
*abanye* befuna ezabo izinto, benga*funi* izinto
zika-Krestu Yesu. 22 Kodwa ukulingwa
kwake niyakwazi, okokuba wati, njengo-
kuba umntwana *ekonza* kuyise, wakonzela
ivangeli kunye nami. 23 Yena lo ngoko
ndiyatemba ukumtuma kwa oko, nxa su-
kuba sendibona izinto eziya kundihla. 24
Kodwa ndiyatembela ENKOSINI, ukuba ndoti
kwa mina ngokwami ndize kamsinya.
25 Noko ndaba kufanelekile ukutuma
u-Epafrodito umzalwana wami, ongumse-
benzi nesodati kunye nami, kodwa umtu-
nywa wenu, nomkonzi kwintswelo yami,
ukuza kuni: 26 ekubeni ebelangazelela
nina nonke, wadandateka kakulu, ngennxa
yokuba benivile ukuba ebesifa. 27 Ngo-
kuba okunene ebesifa epants' ukufa: koko
UTIXO ebenobubele ngakuye; bekungenga-
kuye yedwa, bekungakumi kanjalo, ukuze
ndingabi nosizi pezu kwosizi. 28 Ndi-
nxamele ngakumbi ngoko ukumtuma, ukuze
niti nakumbona nibuye nivuye, nditi nami
ndibe lusizi ngento enncinane ngakumbi.
29 Mamkeleni ngoko ENKOSINI ngovuyo
lwonke, nize abanjalo nibabeke: 30 ngo-
kuba ngennxa yomsebenzi ka-Krestu waso-
ndela kwada kwasekufeni, enganonelela-
nga ubomi *bake*, ukuze akwenzelele uku-
sweleka kwenkonzo yenu ngakumi.

3 OKO kuseleyo, bazalwana bami! vu-
yani ENKOSINI. Ukuzibàla izinto ezikwa
zizo kuni, okunene kumi akuyindiniso,
kodwa kuni kuyingciniso.
2 Lumkani abazinja, lumkani abasebenzi
abakohlakeleyo, lumkani abalunqumlo.
3 Ngokuba tina singabalwaluko, esiti siko-
nze UTIXO ngommoya, sivuyelele ku-Krestu
Yesu, singatembeli ennyameni; 4 nangona
bendingaba nesitembelo kanti nasennya-
meni. Ukuba kuko omnye umntu oba
unako ukutembela ennyameni, ndigqitisile
mina: 5 ndingowalukileyo ngomhla wesi-
bozo, ndingowaseluhlangeni luka-Sirayeli,
ndingowesizwe sika-Benjamine, um-Hebere
kuma-Hebere; ngokwomteto ndingum-
Farisi; 6 ngokwozondelelo nditshutshisa
iremente; ngokwobulungisa obusemte-
tweni ndihleli ndingenatyala. 7 Kuloko
ezonto ezibe ziyinzuzo kumi, zona ezi
ndizibalile ngennxa ka-Krestu ukuba zisi-
silahleko. 8 Hai gxebe okunene nditi
kanjalo ndizibala zonke ukuba zisisi-
lahleko ngennxa yendhlulliselo yokwaziwa
kuka-Krestu Yesu INKOSI yami; enda-
lahlekelwa zizinto zonke ngennxa yake,
nendizibala ukuba ziyinkunkuma, ukuze
ndizuze u-Krestu, 9 ndifunyanwe kwa
kuye, ndingenabo obami ubulungisa
obuvela emtetweni, koko ndinabo bona
obungalo ukolo luka-Krestu, kwa ubulu-
ngisa obuvela KUTIXO ngokolo olo; 10
ukuze ndimazi yena, namandhla ovuko
lwake, nobudhlelana benklungu zake, ndi-
fanekiselwa ekufeni kwake nje, 11 ukuba
kungati ndingafikelela eluvukweni lwa-
bafileyo.
12 Kungekukuba ndise ndifumene, um-
hlaumbi ndise ndifezekisiwe; kodwa ndi-
saputuma, ukuba ndingati kanjalo ndiku-
bambe oko endandibanjelwa kona kanjalo
ngu-Krestu Yesu. 13 Bazalwana! andi-
zibaleli mina ukuba sendibambile: lento
kodwa *ndiyayenza*, izinto ezisemva ndizili-
bala nje, nezinto ezipambili ndisolulela
kuzo, 14 ndiyaputuma ke ngakuwo umli-
nganiso *ndiputum*ela umvuzo wobizo lwa-
pezulu LUKATIXO ku-Krestu Yesu. 15 Ma-
siti ngoko sonke tina esingabafezekileyo
sibe nokukumbula okunjalo: nokuba niya-
kumbula ngento ngokukumbi, kwa yona
le UTIXO woyityila kuni. 16 Kodwa noko,
apo sifikele kona, masihambe ngommiso
okwa nguwo, masikumbule into ekwa yiyo.
17 Yibani ngabalandeli bami kwa ku-
nye, bazalwana! nigqale abo abenje njalo
ukuhamba njengokuba ninati singumze-
kelo. (18 Ngokuba abaninzi behamba,
endibe ndisitsho futi kuni ngabo, nendi-
tshoyo kaloku ndilila nje, ukuti bazin-
tshaba zekuruse ka-Krestu: 19 abakupela



University of Fort Hare

kuyintshabalalo, abaTIXO usisisu *sabo*, naba-
bungcwalisa busehlazweni labo, abanya-
mekela izinto zasemhlabeni.) 20 Ngokuba
obetu ubuzwe busezulwini; apo kanjalo
silinda ukuvela kwomsindisi kona, INKOSI
u-Yesu Krestu: 21 oya kwenza ngakumbi
isimilo somzimba wobupantsi betu, ukuba
wenziwe wona ufane nomzimba wobu-
ngcwalisa bake, ngokwokusebenza anama-
ndhla ngako nokuzibeka pantsi kwake
zonke izinto.

4 Ngako oko, bazalwana bami abatandi-
weyo nabalangazelelweyo, luvuyo *lwami*
nesitsaba sami! qinisani njalo ukuma EN-
KOSINI, batandwa!

2 U-Wodiya ndiyamyala, no-Sintike
ndiyamyala, ukuba babe nokuvumelana
ENKOSINI. 3 Ewe ndiyakutandaza nawe, si-
uxulumane sennyaniso! ukuba ubancede
aba*bafazi*, ekubeni bazamayo kunye nami
evangelini, ndawonye naye no-Kilemente,
nabanye abasebenzisi bami, abamagama
asennewadini yobomi.

4 Vuyani ENKOSINI ngamaxesha onke:
ndobuya nditi: Vuyani. 5 Ukululama kwe-
nu makwazeke kubo bonke abantu. INKOSI
ikufupi. 6 Ningabi nasitukutezi nganto;
koko kuko konke ngokutandaza nangoku-
kunga ndawonye nokubulela maziti ingcelo
zenu zaziswe KUTIXO: 7 lwaye uxolo LUKA-
TIXO, oludhlulayo konke ukuqonda, luya
kugcina inkliziyo zenu nenkumbulo zenu
ku-Krestu Yesu.

8 Oko kuseleyo, bazalwana! izinto ezi-
sukuba ziyinnene, izinto ezisukuba zibe-
keka, izinto ezisukuba zifanelekile, izinto
ezisukuba zicokisekile, izinto ezisukuba
zitandeka, izinto ezisukuba zinokuduma
okuhle; ukuba kuko into elungileyo, no-
kuba kuko into eyindumiso, zitelekeleleni
ezizinto. 9 Ezonto kanjalo enizifundileyo
nazamkela, nenizivileyo nazibona kumi,
zona ezi zenzeni: waye UTIXO woxolo eya
kuba nani.

10 KEKALOKU ndavuya ENKOSINI ka-
kulu, ukuba kaloku nide nabuya nahluma
ukundinonelela kwenu; enibe ninyame-
kela kwa kona, kodwa nibe ningenalo
ituba. 11 Kungekukuba nditeta ngokwo-
kuswela: ngokuba ndifundile mina ukuti,
kulonklalo endikuyo, ndibe nokukolwa.
12 Ndiyakwazi ke ukuba sekutotyweni,
ndiyakwazi kanjalo ukuba nobuninzi:
kuko konke nasezintweni zonke ndikoli-
sile ukufundiswa kwa nokuhluta nokula-
mba, kwa nokuba nobuninzi nokuba noku-
swela. 13 Zonke izinto ndingazenza
kulowo undomelezayo, ku-Krestu. 14
Kodwa nalungisa noko, ukuba naninobu-
dhlelana nobunzima bami.

15 Kanjako niyazi nani, ma-Filipi!
ukuba ekuqalweni kwevangeli, okuya
ndemkayo e-Masedoniya, akwabako nan-
nye iremente eyabelana nami ngendawo
yokupa nokwamkela, kupela nina nedwa:
16 kuba nase-Tesalonika, kwa kanye na-
kabini, natumela ukuswela kwami kumi.
17 Kungekukuba ndifuna isipiwo, koko
ndifuna isiqamo esikwandela ukubalelwa
kwenu. 18 Kodwa sendinazo into zonke,
ndinobuninzi: ndizalisekile, ndizamkele
uje ku-Epafrodito izinto *ezavela* kuni, ivu-
mba elimnandi, idini elikolekileyo, eliyo-
lela UTIXO kakulu. 19 Kodwa UTIXO wami
uya kuzalisa konke ukuswela kwenu
ngokwobutyebi bake ebungcwaliseni ku-
Krestu Yesu. 20 Kekaloku kwa kuye
UTIXO nobawo wetu *makubeko* ubungcwalisa
kude kube ngunapakade kanapakade.
Amene.

21 Bulisani bonke abangcwele ku-Krestu
Yesu. Abazalwana abanami bayanibulisa.
22 Bona abangcwele bonke bayanibulisa
kodwa *abenje njalo* kakulu bangabo basen-
dhlwini ka-Kesare.

23 Ufefe LWENKOSI yetu u-Yesu Krestu
malube nani nonke. Amene.



University of Fort Hare

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMAKOLOSE.

ISAHLUKO I.

UPAULUSI, umpostile ka-Yesu Krestu
ngayo intando KATIXO, no-Timote um-
zalwana *wetu*, 2 kubo abangcwele naba-
zalwana abakolwayo ku-Krestu abase-
Kolose: Ufefe malube kuni, noxolo,
luvela kuye UTIXO ubawo wetu, NENKOSI
u-Yesu Krestu.
3 Siyabulela kuye UTIXO noyise WENKOSI
yetu u-Yesu Krestu, sinitandazela ngama-
xesha onke, 4 siyivile nje inkolo yenu
ku-Krestu Yesu, notando *eninalo* kubo
bona bonke abangcwele, 5 ngennxa yete-
mba enibekelelwe lona ezulwini, elo ne-
vayo ngalo pambili elizwini lennyaniso
levangeli; 6 eze kubako kuni, njengokuba
*iko* nakulo lonke ilizwe; eti kanjalo ivelise
izixakato, njengokuba *isenje njalo* napakati
kwenu, kuselokwomhla ena*yi*va ngawo,
naza nalwazi ufefe LUKATIXO ngennyaniso:
7 njengokuba kanjalo benifundile ku-
Epafrasi, isicaka kunye nati esitandiweyo,
ongumkonzi onyanisekileyo ka-Krestu
ngennxa yenu; 8 owati kanjalo waxela
kuti utando lwenu KUMOYA.
9 Ngennxa yako oku nati, kuselokwom-
hla sevayo, asipezi ukunitandazela, noku-
cela ukuba nizaliswe ngokwaziwa
kwentando yake kubo bonke ubulumko
nokuqonda okubumoya; 10 ukuze niha-
mbe ngokufanele INKOSI kubo kukukolisa
konke, nivelisa izixakato kuyo yonke
imisebenzi elungileyo, nikulela ekumazini
UTIXO; 11 nisomelezwa ngabo bonke ubo-
melelo, ngokwamandhla obungcwalisa bake,
kube kuko konke ukunyamezela nokuzeka
kade ndawonye novuyo; 12 nibulela KU-
YISE owasenza silinganele isabiwo selifa
labangcwele ekukanyeni: 13 owasihla-
ngulayo egunyeni lobumnyama, wa*si*fudu-
sela ebukumkanini bonyana wotando lwa-
ke; 14 okuye sinalo ukululwa ngalo igazi
lake, uxolelwa lwezono *zetu*: 15 ongum-
fanekiso WOTIXO ongabonekiyo, umzalwa-
tanci kuzo zonke izidalwa: 16 ngokuba
kuye kwadalwa zonke izinto, ezo zisezu-
lwini nezo zisemhlabeni, ezo zibonekayo
nezo zingabonekiyo, nokuba zezineterone,
nokuba zezinobukosi, nokuba zezinobupati,
nokuba zezinegunya,—zonke izinto zida-
liwe ngaye, nangennxa yake: 17 kanjalo
yena upambili kuzo zonke izinto, nakuye
zonke izinto zimana zimi. 18 Kanjako
nguye oyinkloko yomzimba, yeremente;
osiso isiqalo, umzalwa-tanci kwabafileyo,
ukuze yena abe ngomkulu ezintweni
zonke: 19 ngokuba ebetanda *u-Yise*
ukuba bonke ubuzala buhlale kuye; 20
nokuba ati ngaye zonke izinto azixolisane
naye yena, elwenzile uxolo nje ngalo igazi
lekuruse yake,—kwa ngaye ke, nokuba zezo
zisemhlabeni, nokuba zezo zisezulwini.
21 Nani nina, nakuba nibe nifudula
ningabasemzini nabazintshaba eluveni
*lwenu* kuyo imisebenzi ekohlakeleyo, noko
kaloku unixolisene *naye* 22 emzimbeni
wennyama yake ngako ukufa *kwake*, ukuze
animise nibangcwele, nibamsulwa, ninge-
nakunikwa ityala, ebusweni bake: 23
ukuba kambe nimana ukuma elukolweni,
nisekelwe, niqinile nokuqina, ningashe-
nxiswa nje kanjalo etembeni levangeli,
leyo nayivayo, eyashunyayelwa kuko
konke ukudalwa okungapantsi kwezulu;
endaba ngumkonzi wayo mina 'Paulusi.
24 Enditi kaloku ndivuyo ezinklu-
ngwini zami ngennxa yenu, ndizalisekise
izinto eziswelekileyo zembandezelwa zika-
Krestu ennyameni yami ngennxa yomzimba
wake, oyiyo iremente: 25 endaba ngum-
konzi wayo mina ngokwolwabo LUKATIXO
olwanikwa kumi ngakuni, ukuba ndikolise
ukushumayela ilizwi LIKATIXO,—26 imfi-
hlakalo ebifihlelwe amaxesha akudala ne-
zizukulwana, kodwa kaloku ibonakalisiwe
kubangcwele bake: 27 abete UTIXO wata-
nda ukubazisa into buyiyo ubutyebi bobu-
ngcwalisa bemfihlakalo le pakati kwaba-



University of Fort Hare

heyideni; engu-Krestu pakati kwenu,
itemba lobungewalisa: 28 esiti tina sim-
shumayele, siluleka bonke abantu, sifu-
ndisa nokufundisa abantu bonke ngobulu-
mko bonke; ukuze simise bonke abantu
befezekile ku-Krestu Yesu; 29 endizamela
kona kanjalo, ndikandanisa ngokwokuse-
benza kwake, okusebenzayo kumi ngama-
ndhla.

2 NGOKUBA ndifuna ukuba nikwazi
ukulwa okukulu kangakanana endinako
ngennxa yenu, nabo abase-Lawodikeya,
nabo bonke abangabonanga ubuso bami
ennyameni; 2 ukuze inkliziyo zabo zo-
uwatyiswe, bebandakanywa elutandweni
nje, nakude kube bubo bonke ubutyebi
bengqiniso ezalisekileyo yengqondo, kude
kube kukwaziwa kwemfihlakalo yake
UTIXO noyise, neka-Krestu; 3 okukoyo
kuye zonke indyebo zobulumko nezo-
kwazi zifihlekile. 4 Kekaloku oku ndi-
yakutsho, ukuze kungabiko onibuku-
qayo ngokuteta okuhendayo. 5 Ngokuba
nangona ndingeko ngennyama, ndiko nani
noko ngommoya, ndivuya nje ndibona
nokubona ukulungelana kwenu, nokuti
nqi kwenkolo yenu ku-Krestu. 6 Njengo-
kuba ngoko benimamkele u-Krestu Yesu
OYINKOSI, *kwa njalo* hambani kuye: 7 ne-
ndele nisakelwa nokwakelwa kuye, niqini-
swa kanjalo elukolweni, kwa njengokuba
nibe nifundiswa, nikolisa ukwanda kulo
ngombulelo.
8 Lumkani kungabiko 'mntu oya kuti-
mba nina ngayo ifilosofe nenkohliso enge-
ndawo, ngokwesinikelo sabantu, ngokwe-
ziqalelo zelizwe, kungengokuka-Krestu.
9 Ngokuba kuye kuhleli bonke ubuzala
BOBUTIXO busemzimbeni. 10 Kanjalo niza-
lisekile kuye; oyinkloko yabo bonke ubu-
pati negunya; 11 okuye kanjako nibe
nalukile ngokwaluka okungenziwanga
ngezandhla, ekutulweni kwomzimba we-
zono zennyama, ekwalukeni kuka-Krestu;
12 ninewatyiwe nje kunye naye ekubapi-
tizeshweni, okuko kanjako nibe nivuswa
kunye *naye* ngalo ukolo lwokusebenza
KUKATIXO, owamvusayo kwabafileyo. 13
Nani nifile nje eziposweni *zenu* nasekunga-
lukini kwennyama yenu, wanipilisa kwa
kunye naye, enixolele zonke iziposo *zenu*;
14 esicimile isibàlo *siteta* ngakuti ngemi-
miselo *yaso*, esibe sicasana nati, waza
wasisusa endhleleni, esibetele ekuruseni
*yake*; 15 wati ebahlubile nje abanobupati
nabanegunya wenza isibonelo ngabo kwa
sekuhleni, ebavuyelela kwa kuyo.
16 Makungabiko 'mntu ngoko onigwe-
bayo ekutyeni, imhlaimbi ekuseleni, im-
hlaimbi endaweni yomtendeleko, imhlai-
mbi yennyanga etwasileyo, imhlaimbi
yesabata; 17 ezisisitunzi sezinto eziza
kuza, kodwa wona umzimba ungoka-
Krestu. 18 Makungabiko namnye onila-
hlekisana nomvuzo wenu, efuna *ukwenje
njalo* ekutobekeni kwenkliziyo nasekube-
deshweni kwazo ingelosi, ehlola izinto
angazibonanga, efumana evutelaniswa lu-
luvo lwennyama yake, 19 engabambeleli
koyinkloko kanjalo, okuye uti umzimba
wonke, usongiwa ubandakanywa nokuba-
ndakanywa ngawo amalungu nemisipa,
ukule ngenkuliso KATIXO.
20 Ukuba ngoko nafa kunye no-Krestu
*nahlukana* nazo iziqalelo zelizwe, yinina
ukuba niti, njengokungati nibe nihlala
elizweni, nizibeke ngapantsi kwemimiselo,
—21 Ningapati, ningake nive, ningacuku-
misi kanjako, 22 (*izinto* ezizezokutshatya-
laliswa zonke ekugqityelweni kwazo,)—
ngokweziyalelo nezifundiso zabantu? 23
Eziti ezonto zinodumo lwokuba zibubulu-
mko, ekubedesheni okuzenzayo, nasekuto-
bekeni kwenkliziyo, nasekubandezelweni
kwomzimba, kungekwinto enobomi, ziye-
lela ukudikwa kwennyama.

3 UKUBA ngoko nibe nivuswa kunye
no-Krestu, funani izinto ezipezulu, apo
u-Krestu akona, ehleli ngasekunene KWO-
TIXO. 2 Nyamekelani izinto ezipezulu,
ningan*yamekeli* izinto ezisemhlabeni. 3
Ngokuba nafayo, nobomi benu bona bufi-
hlelwe kunye no-Krestu KUTIXO. 4 Okuya
u-Krestu, obubomi betu, uya kubonakali-
swa, niya kwandula oko nani nibonakali-
swe kunye naye ebungcwaliseni.
5 Fisani ngoko amalungu enu asemhla-
beni; umbulo, ubuncola, ukuva okubi,
inkanuko ekohlakeleyo, nobubawa, okuti
bona buyinkonzo yezitixo: 6 ekungennxa
yezizinto umsindo KATIXO uza pezu kwalo
usapo lwokungeva; 7 enanifudula niha-
mba pakati kwalo nani, okuya nibe nihlala
kuzo. 8 Kodwa kaloku zibekeni nxamnye
nani zonke ezi, uqumbo, umsindo, ulunya,
ugxeko, ukuteta okuhlazekileyo emlonyeni
wenu. 9 Ningaxoki omnye kwomnye,
nimtulile nje umntu omdala kunye neze-



University of Fort Hare

nzo zake, 10 namambata omtsha, ohlazi-
yelwa ngasekwazini ngokwomfanekiso
walowo wamdalayo: 11 apo kungeko kona
um-Girike nom-Juda, ukwaluka nokunga-
luki, um-Babare *nom*-Sitiya, ikoboka *noku*-
lulekileyo; koko u-Krestu ezinto zonke,
nakubo bonke.
12 Yambatani ngoko, njengabaqashwa
BAKATIXO, abangcwele nabatandiweyo, in-
nceba zetaru, ububele, ukutobeka kwen-
kliziyo, ululamo, ukuzeka kade; 13 ni-
nyamezelana, nixolelana, ukuba kuko
omnye onesikalazo ngakuye omnye; nje-
ngokuba nayo u-Krestu ebexolela nina,
nisenje njalo nani. 14 Kodwa pezu
kwazo zonke ezizinto *yambatani* utando,
olungumbambo wemfezeko.
15 Kanjako uxolo LUKATIXO malube no-
kupata ezinkliziyweni zenu, enibe nibize-
lwa kulo kanjako emzimbeni 'mnye; nize
nibe nokubulela.
16 Ilizwi lika-Krestu malikolise ukuma
kuni, nifundisana nilulekana ngobulumko
bonke, ngamaculo, nangengoma zokudu-
misa, nangezivumo ezibumoya, nivuma
ngofefe ezinkliziyweni zenu ENKOSINI. 17
Nako konke enisukuba nikwenza ngelizwi
umhlaumbi ngesenzo, zonke izinto *zenzeni*
egameni LENKOSI u-Yesu, nibulela kuye
UTIXO noyise ngayo yona.
18 Nina bafazi! lulamelani kwawenu
amadoda, njengokuba kufanelekile ENKO-
SINI.
19 Nina madoda! tandani abafazi *benu*,
nize ningabi 'burara ngakubo.
20 Nina bantwana! yivani abazali *benu*
ngennxa zonke; ngokuba oku kukolekile
ENKOSINI.
21 Nina 'boyise! ningacapukisi aba-
ntwana benu, ukuze bangadani.
22 Nina 'makonza! yivani ngennxa
zonke abazinkosi *zenu* ngokwenyama;
kungabi ngokukonza kwamehlo njengaba-
kolisabantu, kube ngolungelelwano lwen-
kliziyo, nisoyika UTIXO. 23 Nako konke
enisukuba nikwenza, kwenzeni kwa ngen-
kliziyo, njengakuyo INKOSI, kungekubo
abantu; 24 nisazi nje ukuba niya kuwa-
mkela KWINKOSI umvuzo welifa: ngokuba
niyikonza INKOSI u-Krestu. 25 Kodwa
owonayo uya kubuya amkele oko wona
ngako: kanjako akuko ukuketwa kwaba-
ntu.

4 Nina 'zinkosi! yenzelani amakonza *enu*
oko kufanelekileyo noko kulingeneyo;
nisazi nje ukuba nani ninayo inkosi ezu-
lwini.
2 Zingisani ekutandazeni, nilinda nje
kuko ngombulelo; 3 nitandaza kunye
nako oko nangennxa yetu, ukuba UTIXO
asivulele ucango lwelizwi, size siyitete
imfihlakalo ka-Krestu, endisekubanjweni
ngennxa yayo kanjalo; 4 ukuze ndiyibo-
nakalise, njengoko ndifanele ukuteta
ngako.
5 Hambani ngobulumko ngakubo aba-
pandhle, nizitengela ituba nje. 6 Ukuteta
kwenu makube ngofefe ngamaxesha onke,
kuvakalisiwe ngetyuwa, ukuze nikwazi
ukuba nifanele ukuti nina ukupendula
bonke abanye ngabanye.

7 ZONKE indawo zami uya kunazisa
zona u-Tikikusi, ongumzalwana otandi-
weyo, nomkonzi onyanisekileyo, nesicaka
kunye nami ENKOSINI: 8 endimtumele kwa
yona lento kuni, yokuba aqonde okwenu,
azonwabise inkliziyo zenu; 9 kunye no-
Onesimusi, umzalwana *wetu* onyanisekileyo
notandiweyo, ongowakowenu. Baya ku-
nazisa konke okwalapa.
10 U-Aristariko, umbanjwa kunye nami,
uyanibulisa; kwa no-Maraki, isalamane
sika-Banabasi, enaniyamkele imiyalelo
ngaye; (xeshekweni ezayo kuni, mamke-
leni;) 11 no-Yesu, o-kutiwa ngu-Yusitusi,
abangabo basekwalukeni. Aba bodwa ba-
ngabasebenzisi *bami* ngasebukumkanini
BUKATIXO, abate baba sisonwabiso kumi.
12 U-Epafrasi, ongowakowenu, isicaka
sika-Krestu, uyanibulisa, enizamela ka-
kulu ngamaxesha onke emitandazweni
*yake*, ukuba nime nifezekile nizalisekile
kuyo yonke intando KATIXO. 13 Ngokuba
ndimnqinela ukuba unozondelelo olukulu
ngennxa yenu, nabo base-Lawodikeya, nabo
base-Herapolisi. 14 U-Luke, igqira elita-
ndiweyo, uyanibulisa; kwa no-Demasi.
15 Bulisani abazalwana abase-Lawodi-
keya, no-Nimfasi, neremente esendhlwini
yake. 16 Naxeshekweni innewadi *le*
ileseshiwe pakati kwenu, yenzani nkuba
ileseshwe nasereruenteni yama-Lawodike-
ya, nokuba nani niyileseshe leyo ivela
e-Lawodikeya. 17 Kanjalo yitini kuye
u-Arikipo: Lumkela ubukonzi owabuba-
mkela ENKOSINI, ukuba ubufeze.
18 Umbuliso wami 'Paulusi ngesami
isandhla. Kumbulani imibambo yami.
Ufefe malube nani. Amene.



University of Fort Hare

EYOKUQALA

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMATESALONIKA.

---

## ISAHLUKO I.

UPAULUSI, no-Silivane, no-Timote,
kwiremente yama-Tesalonika *e*KUTIXO
uyise NENKOSI u-Yesu Krestu: Ufefe malube
kuni, noxolo, luvela kuye UTIXO ubawo
wetu, NENKOSI u-Yesu Krestu.
2 Siyabulela KUTIXO ngamaxesha onke
ngennxa yenu nonke, sinikankanya emita-
ndazweni yetu; 3 singayeki ukukumbula
umsebenzi wenu wokolo, nomzamo wota-
ndo, nomonde wetemba ENKOSINI yetu
u-Yesu Krestu, ebusweni bake UTIXO no-
bawo wetu: 4 sisazi nje, bazalwana aba-
tandiweyo NGUTIXO! ukunyulwa kwenu;
5 kuba ivangeli yetu ibingezanga kuni
emazwini odwa, koko *yezayo* nasema-
ndhleni, nakumoya oyingcwele, naseku-
qiniseni okuninzi; kwa njengokuba nisazi
ukuba saba ngabanjanina pakati kwenu
ngennxa yenu. 6 Nani naba ngabalandeli
betu, naBENKOSI, nilamkele nje ilizwi ebu-
nzimeni obuninzi, kunye novuyo lwomoya
oyingcwele; 7 nada naba yimizekelo kubo
bonke abakolwayo e-Masedoniya nase-
Akaiya. 8 Ngokuba kwa kuni livakali-
siwe ilizwi LENKOSI kungekuyo i-Masedo-
niya ne-Akaiya yodwa, koko nakuzo
zonke indawo inkolo yenu engakuye
UTIXO ipumile; side singafaneli tina uku-
teta into. 9 Ngokuba bona ngokwabo
beshumayela ngati ukuba bekunjanina
ukungena esibe sinako kuni, nokuba nati
nina ukuguqukela KUTIXO *niguquka* eziti-
xweni, ukumkonza UTIXO opilileyo oyinnya-
niso, 10 nokumlinda unyana wake evela
ezulwini, ate wamvusa ekufeni, kwa u-
Yesu, osihlangulayo emsindweni ozayo.
2 Ngokuba nisazi nina ngokwenu, baza-
lwana! ukungena kwetu kuni, ukuba
bekungeyinto engenanto: 2 koko naku-
beni sibe sibulalekile pambili sapatwa
kakubi, njengokuba nisazi, e-Filipi, sibe
sinokukalipa KUTIXO wetu ukuyiteta kuni
ivangeli KATIXO ekulweni okuninzi. 3
Ngokuba ukuyala kwetu kungaveli elula-
hlekweni, kungaveli nasebuncoleni, kunge-
ngenkohliso kanjalo: 4 koko njengokuba
sibukiwe NGUTIXO ukuba siyipatiswe iva-
ngeli, siteta kwa njalo; kungengokufuna
ukukolisa abantu, *kungokufuna ukukolisa*
UTIXO, ozilingayo inkliziyo zetu. 5 Ngo-
kuba kanjako singezanga sipate amazwi
ennywelezo, njengokuba nisazi, kwa nesi-
gushelo sobubawa; UTIXO ulinqina; 6 si-
ngafuni nje imbeko ebantwini kanjalo,
kwa nakuni nakwabanye, nangona sibe
singaba sibunzima *kuni*, njengabapostile
baka-Krestu. 7 Kodwa sibe sinokutamba
pakati kwenu, njengokuba umanyisikazi
ebondhla abake abantwana; 8 kwa njalo,
sinilangazelela kakulu nje, sibe sinxamela
ukunabela ingeyiyo ivangeli KATIXO yo-
dwa, iyiyo eyetu imipefumlo nayo, ngen-
nxa yokuba nibe nitandekile kuti. 9 Ngo-
kuba nikumbula, bazalwana! ukuzama
kwetu nokudiniswa *kwetu:* ngokuba, sise-
benza ebusuku nasemini nje, size singabi
'bunzima kumntu wakuni, sibe siyishuma-
yela kuni ivangeli KATIXO. 10 Ningama-
nqina nina, kwa NOTIXO, ukuba sati nina
ukwenza ngobungcwele nangobulungisa
nangokungenatyala kuni nikolwayo; 11
kwa njengokuba nisazi, okokuba nina
nonke abanye ngabanye, njengokuba uyise
*epata* abake abantwana, saniyala, sa*ni*tutu-
zela, sa*ni*nqinisa, 12 ukuba nihambe ngo-
kufanele UTIXO, onibizelayo kobake ubuku-
mkani nobungcwalisa.
13 Ngennxa yoku siyabulela KUTIXO
nati singayeki, ukuba nakulamkela kuti
ilizwi lentshumayelo, *e*LIKATIXO, nalamkela
lalingelilizwi labantu, koko, njengokuba
linjalo ngennyaniso, lalililizwi LIKATIXO,
eliti kanjako lisebenze kuni nikolwayo. 14
Ngokuba nina, bazalwana! naba ngabala-
ndeli bazo iremente ZIKATIXO eziso-Judeya



University of Fort Hare

ku-Krestu Yesu, ekubeni nani naziva
inklungu ezikwa zizo ngabesizwe sako-
wenu, njengokuba bona nabo *bezivile*
ngama-Juda: 15 ate abulala kwa NENKOSI
u-Yesu nabawo abaprofite, asitshutshisa
tina kanjalo; engamkolisi UTIXO, ecasene
nabantu bonke nakanjako; 16 esalela
ukuteta kubaheyideni ukuba basindiswe;
ukuze azalisekise izono zawo ngamaxesha
onke. Kodwa umsindo uwafikele kude
kugqitywe.

17 KODWA tina, bazalwana! sihlutiwe
kuni ixesha elifutshane nje, ngobuso, be-
kungengenkliziyo, sati kakulu ngakumbi
sanxamela ukubona ubuso benu ngenka-
nuko enkulu. 18 Ngako oko safuna ukuza
kuni, kwa mina 'Paulusi, nakanye naka-
bini; kanti u-Satane wasitintela. 19
Ngokuba yinto nina itemba letu, 'mhlaumbi
uvuyo *lwetu*, 'mhlaumbi isitsaba *setu* soku-
qayisela? Aninjalo nani kusinina ebu-
sweni BENKOSI yetu u-Yesu Krestu ekufikeni
kwayo? 20 Ewe nini ubungcwalisa betu
novuyo lwetu.

3 Ngako oko sakuba singasenako uku-
nyamezela, saba kulungile ukuba si-
shiywe e-Atenesi sedwa; 2 saza satuma
u-Timote, umzalwana wetu, nomkonzi
KATIXO, nomsebenzisi wetu evangelini ka-
Krestu, ukuya kuniqinisa, nokuniyala ngalo
ukolo lwenu, 3 ukuba kungabiko 'mntu
oshukunyiswayo pakati kwezimbandezelo;
ngokuba nisazi ngokwenu ukuba simise-
lwe kwa kona. 4 Ngokuba okunene,
okuya sibe sinani, sibe sisitsho pambili
kuni ukuti siza kubandezelwa; njengo-
kuba kanjalo kwaza kubako, na*njengokuba*
nisazi. 5 Ngennxa yoku, ndakuba nami
ndingasenako ukunyamezela, ndatuma
ukuba ndiqonde ukolo lwenu, hleze ku-
ngati umlingi abe enilingile, uze ufumane
usenzwa umzamo wetu.

6 Kodwa ngoku akufika u-Timote kuti
evela kuni, waza wasishumayeza indaba
ezilungileyo zokolo *lwenu* notando lwenu,
nokokuba ninokusikumbula okulungileyo
ngamaxesha onke, nilangazelela ukusibona
tina, kwa njengokuba nati *sisenje njalo*
*ukunibona* nina, 7 sati ngennxa yoku, ba-
zalwana! sonwatyiswa pezu kwenu, kuko
konke ukubandezelwa *kwetu* nobunzima
betu, ngalo ukolo lwenu: 8 kuba kaloku
sibudhla ubomi, nxa niqinisa ukuma nina
ENKOSINI. 9 Ngokuba singanibuyisela
KUTIXO umbulelo omnina, pezu kwalo
lonke uvuyo esivuya ngalo ngennxa yenu
ebusweni BOTIXO wetu, 10 ebusuku na-
semmini sitandaza kakulu ngakumbi nje
ukuba sibubone ubuso benu, nokuba
sikwenzelele okuswelekileyo elukolweni
lwenu?

11 Kekaloku yena ngokwake UTIXO no-
bawo wetu, nayo INKOSI yetu u-Yesu Krestu,
wanga angondisa indhlela yetu kuni. 12
Nani ke yanga ingati yona INKOSI inenze
nanele nikolise ukwanda elutandweni
*lwenu* omnye ngakwomnye nangakubo bonke
*abantu*, kwa njengokuba nati *sisenje njalo*
ngakuni; 13 ukuze iqinise inkliziyo zenu
zibe zingenatyala ebungcweleni, ebusweni
bake UTIXO nobawo wetu, ekufikeni KWEN-
KOSI yetu u-Yesu Krestu ndawonye nabo
bonke abangcwele bayo.

4 OKO kuseleyo ke, bazalwana! siyani-
tandaza si*ni*yale ENKOSINI u-Yesu, ukuba
niti, njengokuba nikwamkele kuti okokuba
nifanele ukuti nina ukuhamba nokukolisa
UTIXO, *kwa njalo* nikolise ukwanda *kuko*
ngakumbi. 2 Ngokuba nisazi iziyalelo
zinina esaninika zona ngayo INKOSI u-Yesu.
3 Ngokuba oku kuyintando KATIXO, uku-
ngcwaliswa kwenu, ukuba nizile umbulo:
4 ukuba ati omnye nomnye wenu akwazi
ukubamba eyake impahla ebungcweleni
nasekubekweni; 5 kungabi ekuveni okubi
kwenkanuko, kwa njengokuba *besenje njalo*
nabaheyideni abangamaziyo UTIXO; 6
ukuba kungabiko oti agqite alumkise um-
zalwana wake kulendawo: ngokokuba IN-
KOSI ingumpindezeli ngazo zonke ezizinto,
njengokuba kanjalo besinixelele pambili
sa*ni*nqinisela. 7 Ngokuba UTIXO engasi-
bizelanga ubuncola, koko *esibizile ukuba*
*sibe* sebungcweleni. 8 Ngako ke lowo
walayo, akali umntu, koko *esala* UTIXO,
ote kanjako wasinika umoya wake oyin-
gcwele.

9 Kekaloku ukutanda abazalwana ani-
nakuswela ukuba ndibàle kuni ngako;
ngokuba nina ngokwenu nifundiswa NGU-
TIXO ukuba nitandane: 10 ewe okunene
niyakwenza kwa kona ngakubo bonke
abazalwana abakuyo yonke i-Masedoniya.
Kodwa siyanikunga, bazalwana! ukuba
nikolise ukwanda ngakumbi; 11 nokuba
nizamele ukuba sekuzoleni, nokuyenza
eyenu imicimbi, nokusebenza ngezenu
izandhla, njengoko saniyalelayo: 12 ukuze



University of Fort Hare

nihambe ngokufanelekileyo ngakubo aba-
pandhle, niti kanjalo ningabi nakuswela
luto.

13 KODWA anditandi ukuba nibe
ningenakwazi, bazalwana! ngabo balele
kukufa, ukuze ningabi lusizi, njengokuba
*benjalo* nabanye abangenalo itemba. 14
Ngokuba sakukolwa ukuba u-Yesu wafa
wabuya wavuka, kwa njalo abo balala
kukufa ngaye u-Yesu UTIXO wobazisa ku-
nye naye. 15 Ngokuba oko sikutsho
kuni elizwini LENKOSI, ukuba tina ba-
hleliyo abo basalela ekufikeni KWENKOSI
asisayi kupangela abo balala kukufa: 16
kuba yona INKOSI ngokwayo iya kuhla
ezulwini ngendanduluko, ngelizwi lenge-
losi enkulu, nangexilongo LIKATIXO, bati
abafileyo ku-Krestu bavuke tanci; 17 sa-
ndule ukuti tina bahleliyo abo baseleyo
sisuselwe kwa kunye nabo emafini ukuya
kukaulela INKOSI esibakabakeni; nangoku-
njalo siya kubako NENKOSI ngamaxesha
onke. 18 Ize niti ngoko nonwabisane
ngalamazwi.

5 Kodwa amaxesha namatuba, bazalwa-
na! aninakuswela ukuba kubàlwe kuni
ngawo. 2 Ngokuba nikolisa ukwazi ngo-
kwenu ukuba wona umhla WENKOSI uyenje
njalo ukuza njengesela ebusuku. 3 Ngo-
kuba xeshekweni baya kuti: *Kuko* uxolo
nokunqaba; iti oko ibafikele imbujiswa
ngokwalama, njengokuba innimba *ifik*ela
umfazi omitiyo; baye bengayi kusinda
nakanye. 4 Kodwa nina, bazalwana!
anisebumnyameni, ukuze umhla lowo uni-
baqe njengesela. 5 Nina nonke nilusapo
lwokukanya, nilusapo lwemmini: tina asi-
ngabobusuku, asingabobumnyama kanjako.
6 Ngako ke masingalali 'butongo, njengo-
kuba *besenje njalo* nabanye; masiti silinde
siqabuke. 7 Ngokuba abo balalayo belala
ebusuku; nabo banxilayo benxila ebusuku.
8 Kodwa tina singabemmini nje, masiqa-
buke, sisambete isigcinisifuba sokolo no-
tando, netemba losindiswa libe ngum-
nqwazi: 9 kuba UTIXO engasimiselanga
umsindo, koko *wasimis*ela ukuzuza usindi-
swa ngayo INKOSI yetu u-Yesu Krestu,
10 owasifelayo, ukuze ke, nokuba kuti
sivuke, nokuba kuti silale, sidhle ubomi
kwa kunye naye. 11 Ngako oko yonwa-
bisanani, nimisane, kwa njengokuba nise-
nje njalo.

12 KEKALOKU siyanitandaza, baza-
lwana! ukuba nibazi abo basebenzayo
pakati kwenu, abanipatayo ENKOSINI, aba-
nilulekayo; 13 nokuba nibabuke kakulu
ngakumbi elutandweni ngenxa yom-
sebenzi wabo. Yibani nokuxolana pakati
kwenu.
14 Kanjako siyaniyala, bazalwana! lule-
kani ababugaxagaxa, tutuzelani abankli-
ziyo zinokudana, xasani abo babutataka,
yibani nokuzeka kade kubo bonke.
15 Lumkani ukuba kungabiko 'mntu
opindezelayo kwomnye ngobubi ngenxa
yobubi; niti ngamaxesha onke niputume
oko kulungileyo, kwa omnye ngakwom-
nye, nangakubo bonke *abantu*.
16 Vuyani ngamaxesha onke. 17 Ta-
ndazani ningayeki. 18 Bulelani ezin-
tweni zonke: ngokuba oku kuyintando
KATIXO ku-Krestu Yesu ngakuni.
19 Ningacimi UMOYA. 20 Ningadeli
iziprofitesho. 21 Lingani izinto zonke;
bambani leyo ilungileyo. 22 Zilani zonke
inklobo zenkohlakalo.
23 Kekaloku yena UTIXO woxolo ngo-
kwake wanga anganingcwalisa isiqu si-
pela: ewe ummoya nompefumlo nomzimba
wenu wonke upela maugcinwe ube unge-
natyala ekufikeni KWENKOSI yetu u-Yesu
Krestu. 24 Unyanisekile lowo unibizayo,
oya kuti kanjalo akwenze.
25 Bazalwana! sitandazeleni. 26 Bu-
lisani bonke abazalwana ngokwanga oku-
ngcwele. 27 Ndiyanifungisa INKOSI ukuba
lennewadi ileseshwe kubo bonke abazalwa-
na abangcwele.
28 Ufefe LWENKOSI yetu u-Yesu Krestu
malube nani. Ameno.



University of Fort Hare

EYESIBINI

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMATESALONIKA.

## ISAHLUKO I.

UPAULUSI, no-Silivane, no-Timote,
kwiremente yama-Tesalonika eKUTIXO
ubawo wetu NENKOSI u-Yesu Krestu: 2
Ufefe malube kuni, noxolo, luvela kuye
UTIXO ubawo wetu, NENKOSI u-Yesu
Krestu.
3 Sifanelwe kukubulela KUTIXO ngama-
xesha onke ngennxa yenu, bazalwana!
njengokuba kufanelekile, ukuba ukolo
lwenu lukula kakulu, nokuba utando
lwomnye nomnye wenu nonke omnye nga-
kwomnye lukolisa ukwanda; 4 side tina
ngokwetu siqayise ngani ezirementeni
ZIKATIXO, ngennxa yomonde wenu nokolo
kuzo zonke intshutshiso zenu nemibande-
zelo eniyinyamezelayo: 5 okusisiboniso
sokugweba okulungileyo KUKATIXO, nizo
nibalwe ukuba nifanele ubukumkani BUKA-
TIXO, enivayo inklungu ngennxa yabo ka-
njalo; 6 ukuba ke kulungile pambi
KWOTIXO ukuvuza abo banibandezelayo
ngembandezelo, 7 nani nina enibandeze-
lwayo ngokupumla ndawonye nati, eku-
tyilweni KWENKOSI u-Yesu ivela ezulwini
ndawonye nengelosi zamandhla ayo 8
emlilweni odangazelayo, isenza impinde-
zelo kubo abangamaziyo UTIXO, nakubo
abangalulameli ivangeli YENKOSI yetu u-
Yesu Krestu: 9 aboti ukubetwa kwabo,
boba nembujiswa engunapakade, *bekude*
ebusweni BENKOSI, nasebungcwaliseni bo-
bomelelo bayo; 10 okuya iya kufika
ukuza kwenzelwa ubungcwalisa kuba-
ngcwele bayo, nokutelwa nqa kubo bonke
abakolwayo, (kuba bekukolwa kuko uku-
nqina kwetu kuni,) emhleni lowo.
11 Esiti ngako sitandaze kanjalo nga-
maxesha onke ngennxa yenu, ukuba UTIXO
wetu anibale ukuba nifanele ubizwa *lwenu*,
nokuba azalisekise konke ukukolisa kwo-
kulunga nomsebenzi wokolo ngamandhla;
12 ukuze igama LENKOSI yetu u-Yesu
Krestu lenzelwe ubungcwalisa kuni, niti
nani *nenzelwe ubungcwalisa* kuye, ngokwo-
fefe lwake UTIXO wetu NENKOSI u-Yesu
Krestu.

2 KEKALOKU siyanitandaza, bazalwana!
pezu kwokufika KWENKOSI yetu u-Yesu
Krestu, nokuhlanganisana kwetu kuye,
2 ukuba ningashukunyiswa kamsinya
ekuqondeni *kwenu*, ningabi navuso
kanjako, nangawo ummoya, nangalo
ilizwi, nangayo inncwadi, njengokungati
ivela kuti, njengeyokuti seukufupi umhla
ka-Krestu. 3 Makungabiko 'mntu onilu-
kuhlayo ngannye indawo: kuba *umhla lowo*
*ungayi kuza*, xeshekweni kungeziyo upa-
mbuko tanci, aze atyilwe umntu wesono,
unyana wentshabalalo; 4 lowo umelayo,
ozipakamisa pezulu pezu kwako konke
oku-kutiwa ngutixo umhlaumbi yinto
yokubedeshwa, ade ati NJENGOTIXO ahlale
pantsi etempileni KATIXO, ezibonakalisa
ukuba UNGUTIXO. 5 Anikumbuli na
ukuba, nxa bendiseko kuni, ndandinixele-
la ezizinto? 6 Nakaloku oko kubambayo
niyakwazi, ukuze kutyilwe yena kwelake
ixesha. 7 Ngokuba yona imfihlakalo
yokukohlakala isel' isebenza: *kuko* kodwa
obambayo ngoku ade asuswe endhleleni.
8 Waeya kwandula oko atyilwe okohlake-
leyo lowo, oyena iya kuti INKOSI imgqi-
bele ngommoya womlomo wayo, imtshaba-
lalise ngokukazimla kwokufika kwayo;
9 okufika kungokwokusebenza kuka-
Satane kuwo onke amandhla nemiqondiso
nemimangaliso yobuxoki, 10 nakuyo yonke
inkohliso yokungalungi kubo abo babu-
bayo: ngennxa yokuba bengalwamkela-
nga utando lwennyaniso ukuze basindiswe.
11 Nangennxa yoku UTIXO wobatumela
ukusebenza kwolahlekiso, ukuze bakolwe
lulwimi: 12 ukuba bagwetywe bonke



University of Fort Hare

abati abakolwa yimnyaniso, batanda
ukungalungi kanti.
13 Kodwa tina sifanelwe kukubulela
KUTIXO ngamaxesha onke ngennxa yenu,
bazalwana abatandiweyo YINKOSI! ukuba
UTIXO kwa sekuqalekeni waniqashela uku-
sindiswa ngokungcwalisa KWOMOYA nangen-
kolo ennyanisweni; 14 anibizileyo kuko
ngayo ivangeli yetu, kube kukuzuzwa
kwobungcwalisa BENKOSI yetu u-Yesu
Krestu.
15 Ngako ke, bazalwana! yimani
niqine, nizibambe izinikelwa enanifu-
ndiswa zona, nokuba bekungalo ilizwi,
nokuba bekungayo inncwadi yetu. 16
Kodwa yona ngokwayo INKOSI yetu u-
Yesu Krestu, naye UTIXO nobawo wetu,
owasitandayo, wa*si*nika ulwonwabiso olu-
ngunapakade netemba elilungileyo ngofefe,
17 wanga angonwabisa inkliziyo zenu, ani-
qinise kuwo onke amazwi nezenzo ezilu-
ngileyo.

3 OKO kuseleyo, bazalwana! sitandaze-
leni, ukuba ilizwi LENKOSI libe noku-
hamba nokudunyiswa, njengokuba *linjalo*
nakuni; 2 nokuba sihlangulwe ebantwini
abasangeneyo abakohlakeleyo; ngokuba
ukolo lungenabo bonke. 3 Kodwa inya-
nisekile INKOSI, eya kuniqinisa, i*ni*gcine
kuyo inkohlakalo. 4 Ewe siyatembela
ENKOSINI pezu kwenu, ukuba izinto esini-
yalelayo ngazo niyazenza, nokuba niya
kuzenza kanjalo. 5 Kodwa yona INKOSI
yanga ingazikapela inkliziyo zenu eluta-
ndweni LUKATIXO, nasemondeni ka-Krestu.
6 Kekaloku siyaniyalela, bazalwana!
egameni LENKOSI yetu u-Yesu Krestu,
ukuba nizishenxise kubo bonke abaza-
lwana behamba ngobugaxagaxa, benga-
*hambi* ngokwesinikelwa abasamkelayo kuti.
7 Ngokuba ngokwenu nisazi ukuba nifa-
nele ukuti nina ukusilandela: kuba
sasingahlali ngobugaxagaxa pakati kwenu;
8 asadhla isonka kumntu ngesisa
kanjako, bekusekuzameni nasekudiniswenii,
sisebenza ubusuku nemmini njo, size
singabi 'bunzima kumntu wakuni: 9
kungekukuba singenalo igunya, kuku-
kuba sizenze umzekelo kuni, nize nisi-
landele. 10 Ngokuba naxeshekweni sibe
sinani, sasiniyalela kwa lento yokuti,
ukuba kuko ongatandi ukusebenza, maka-
ngadhli kanjako. 11 Ngokuba sisiva
ukuba bako innxennye behamba pakati
kwenu ngobugaxagaxa, bengasebenzi
luto, koko bezifaka ezintweni ezingeze-
zabo. 12 Kekaloku abo banjalo siya-
bayalela sibakunge ngayo INKOSI yetu u-
Yesu Krestu, ukuba basebenze benokuti
tu, badhle esabo isonka. 13 Kodwa nina,
bazalwana! maningadinwa kukwenza oku-
lungileyo. 14 Kodwa ukuba kuko umntu
ongevayo ilizwi letu ngayo lenncwadi,
gqalani lomntu, ningakolani naye, ukuze
enzelwe inkloni. 15 Kanti ninga*m*bali
ukuba ulutshaba, niti ni*m*luleke njengom-
zalwana.
16 Kekaloku INKOSI yoxolo ngokwayo
yanga inganinika uxolo futi ngendawo
zonke. INKOSI maibe nani nonke.
17 Umbuliso wami 'Paulusi ngesami
isandhla, okungumqondiso kuzo zonke
inncwadi: kunjalo ukubàla kwami. 18
Ufefe LWENKOSI yetu u-Yesu Krestu malu-
be nani nonke. Amene.

EYOKUQALA

## INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUYE UTIMOTE.

ISAHLUKO I.

UPAULUSI, umpostile ka-Yesu Krestu,
ngokwomyolelo KATIXO umsindisi
wetu NENKOSI u-Yesu Krestu itemba letu,
2 kuye u-Timote, *owami* umntwana wen-
nyaniso elukolweni: Ufefe, ububele, noxolo,
luvela kuye UTIXO ubawo wetu, no-Krestu
Yesu INKOSI yetu.



University of Fort Hare

3 Njengokuba ndabendikukunga ukuba
uman' ukuhlala e-Efese, nxa bendihambela
e-Masedoniya, ukuze uyalele abatile
ukuba mabangafundisi ufundiso olulumbi,
4 nokuba mabanganyamekeli intsomi nezi-
bàlelwa zokuzalwa ezingenangqibo, eziti
ezonto zizuzise imibuzo ngapezu kwokuba
*zizuzise* ukumisa KUKATIXO okuselukolweni,
*ndiyenje njalo nakaloku.*
5 Kodwa isipelo sesiyalelo silutando
luvela kwinkliziyo ecocekileyo, nakwisa-
zeliso esilungileyo, nakwinkolo engazenzi-
siyo; 6 abate innxennye beposene nazo
batyekela ekutetateteni okungendawo, 7
befuna ukuba ngabafundisi bomteto, be-
ngaqondi noko kwa nezonto bazitshoyo,
nezonto baqinisa ukutshoza ngazo. 8 Si-
yazi kodwa ukuba umteto ulungile, xe-
shekweni umntu awupatayo ngokwomteto;
9 sikwazi nje oku, okokuba umteto awu-
dalelwa umntu olungileyo, koko *udal*elwa
abalahlimteto nabangenakululamela, aba-
ngabedeshiyo naboni, abangenabungcwele
nabaginwa, ababeti boyise nababeti bo-
nina, ababulali babantu, 10 abapimisi,
abalala namadoda, abebàyo abantu, ama-
xoki, abaxokisa ukufunga, nokuba kuko
into yimbi epambana nofundiso oluyin-
neno; 11 njengokwevangeli yobungcwa-
lisa BOTIXO osikelelweyo, endapatiswayo
yona mina.
12 Kanjalo ndiyabulela kulowo wando-
melezayo, u-Krestu Yesu INKOSI yetu,
ukuba wandibala ukuba ndinyanisekile,
endimisele ubukonzi *obu* nje; 13 endibe
ndifudula ndingumgxeki, nomtshutshisi,
nombandezeli: kuloko ndamkelayo ubu-
bele, kuba ndakwenza ngokungazi ndi-
sekungakolweni; 14 ewe ufefe LWENKOSI
yetu lwaba luninzi ngento egqitisileyo
ndawonye nokolo notando olukuye u-Kre-
stu Yesu. 15 Linyanisekile elilizwi, lifa-
nele konke ukwamkelwa kanjako, lokuba
u-Krestu Yesu weza elizweni ukuza kusi-
ndisa aboni; endingomkulu kubo bonke
mina. 16 Kuloko ngennxa yoku ndaba-
mkela ububele, ukuze kwa kumi ndi-
ngomkulu nje u-Yesu Krestu abonakalise
konke ukuzeka kade *kwake*, ukubenzela
umlinganiso abo baya kukolwa kuye kube
bubomi obungunapakade. 17 Kekaloku
kukumkani wobunapakade, kongonakaliyo,
kongabonekiyo, kokupela kwolumkileyo
UTIXO, *makubeko* udumo nobungcwalisa kude
kube ngunapakade kanapakade. Amene.

18 Esi isiyalelo ndiyasibekela kuwe,
nyana 'Timote! njengokweziprofitesho eza-
ndulisayo ngawe, ukuba uyenze ngazo
leyo 'mfazwe ilungileyo; 19 unenkolo nje,
nesazeliso esilungileyo; abate innxennye
besilahlile nje badaka ngalo ukolo: 20
abangabakubo u-Himeneyo no-Aletsandere,
endabanikelayo ku-Satane, ukuze bafundi-
swe ngokwohlwaywa ukuba bangagxeki.

2 NDITI ke okwokuqala ndiyale ukuba
kwenziwe izikungo, imitandazo, izita-
ruziso, *n*emibulelo, ngennxa yabantu bo-
nke; 2 ngennxa yabo okumkani nabo
bonke abasebukosini; ukuze sihlale ngo-
kuhlala okuxolileyo nokuzolileyo kubo
bonke ububedesho nokuzibeka. 3 Ngo-
kuba oku kulungile, kukolekile ebusweni
bomsindisi wetu UTIXO kanjako; 4 ota-
ndayo ukuba bonke abantu basindiswe,
nokuba beze ekwaziweni kwennyaniso.
5 Ngokuba *kuko* UTIXO emnye; *kuko* ka-
njalo umlamli emnye pakati KWOTIXO naba-
ntu, umntu u-Krestu Yesu, 6 owazinikayo
ukuba yinklaulelo ngennxa yabantu bo-
nke,—okusisinqino *sokunqinelwa* kwawaso
amaxesha; 7 endite mina ndamiselwa
sona ukuba ngumshumayeli nompostile,
(ndiyateta innyaniso ku-Krestu, andixoki,)
umfundisi wabaheyideni elukolweni nasen-
nyanisweni.
8 Ndinga ke angati wona amadoda ata-
ndaze kuzo zonke indawo, epakamisa iza-
ndhla ezingcwele, engenakuqumba nokupi-
kisana: 9 ngokunjalo *ndinga* bangati nabo
abafazi bazihombe ngokuvata okufaneleki-
leyo, benenkloni nobutelekelelo; kungabi
ngempote, umhlaumbi ngegolide, umhlau-
mbi ngeperule, umhlaumbi ngezivato ezi-
xabiso likulu, 10 kuti,—okufaneleyo aba-
fazi bexela ukuba bayabedesha UTIXO,
kube ngayo imisebenzi elungileyo.
11 Makati umfazi ngokuti tu afunde
ngolulamelo lwonke. 12 Kodwa andivu-
meli umfazi ukuba afundise, nokuba abe
namandhla pezu kwendoda, nditi makabe
nokuti tu. 13 Ngokuba u-Adame ebe-
dalwe kuqala, wandul' *ukudalwa* u-Eva
kamva. 14 Kanjako u-Adame ebengako-
hliswanga, kodwa umfazi ekohlisiwe nje
wangena esigqitweni. 15 Noko uya
kusindiswa ngokuzalwa kwomntwana, xe-
shekweni bahlalayo elukolweni, naselu-
tandweni, nasebungcweleni, ndawonye
nobutelekelelo.



University of Fort Hare

3 LINYANISEKILE elilizwi : Ukuba
umntu uyanqwenela ubusebenzi bom-
lindi, uyakanuka umsebenzi olungileyo. 2
Kekaloku ongumlindi ufanele ukuba abe
ngongenakukalazelwa, abe yindoda yom-
fazi 'mnye, abe yinncatu, abe nobuteleke-
lelo, abe nokumila okufanelekileyo, abe
ngumbuki wabasemzini, abe elungele
ukufundisa ; 3 angabi ngohlala kade pezu
kweveyine, angabi ngumbeti, angabi ngo-
nxamela inzuzo embi, abe enokutamba,
engangxoli, engatandi imali, 4 epata ka-
kuhle eyake indhlu, enabantwana *bake*
besekululameleni ndawonye nokuzibeka
konke; 5 (kodwa ukuba umntu akazi uku-
yipata eyake indhlu, woti nina ukuyigcina
iremente KATIXO?) 6 angabi ngosandula
ukugqoboka, hleze ati ekukumele liratshi
eyele ekugwetyweni kuka-Satane. 7 Ufa-
nele ukuti nakanjako abe nobunqina
obuhle buvela kubo abapandhle, ukuze
angeyeli ekutukweni nasemgibeni ka-
Satane.
8 Ngokunjalo mabati abakonzi babe
nokuzibeka, bangabi namilomo mibini,
bangazilahleli kwiveyine enninzi, banga-
nxameli inzuzo embi; 9 bebamba imfi-
hlakalo yokolo ngesazeliso esicocekileyo.
10 Nabo aba ke mabalingwe kuqala ; ba-
ndule oko benze umsebenzi wabakonzi,
ukuba abanikwa 'tyala lanto. 11 Ngoku-
njalo mabati abafazi babe nokuzibeka,
bengengabancetezi, benobuncatu, benya-
nisekile ezintweni zonke. 12 Abakonzi
mababe ngamadoda omfazi 'mnye, bepata
kakuhle *ababo* abantwana nezabo izindhlu.
13 Ngokuba abo balungisileyo ukwenza
umsebenzi wabakonzi bezizuzela isimo esi-
lungileyo, nenkalipo enkulu elukolweni
olukuye u-Krestu Yesu.
14 Ezizinto ndiyazibàla kuwe, nditemba
njo ukuza kuwe kamsinyane ; 15 kodwa
ukuba ndiyalibala kade, ukuze wazi ukuba
ufanele ukuti nina ukuzipata endhlwini
KATIXO, eti yona iyiremente KATIXO ohle-
liyo, intsika nesiza sennyaniso. 16 Na-
ngapandhle kwokupikwa inkulu imfihla-
kalo yobubedesho : UTIXO wabonakaliswa
ennyameni, wagwetyelwa emmoyeni, wa-
bonwa zingelosi, washunyayelwa pakati
kwabaheyideni, kwakolwa kuye elizweni,
wenyuselwa pezulu ebungewaliseni.

4 KODWA UMOYA utsho kwa sekuhleni
ukuti, kuya kupambuka innxennye
emaxesheni asemva elukolweni, benyame-
kela omoya abalahlekisayo, nemfundiso
zedemoni, 2 ngobuhanahaniso babatet'
ubuxoki, abanesabo isazeliso sitshiselwe,
3 besalela ukuba kutshatwe, *bexela* ukuba
kuzilwe izinto zokudhla, ate UTIXO wazida-
lela abo bakolwayo nabayaziyo innyaniso
ukuba batabate kuzo ngombulelo. 4 Kuba
zonke izidalwa ZIKATIXO zilungile, kungeko
'nto kanjalo efanel' ukulahlwa, ukuba iya-
mkelwa ngombulelo ; 5 ngokuba isenzwa
ngcwele ngalo ilizwi LIKATIXO notaruziso.
6 Ukuba ezizinto uyazibeka pambi
kwabo abazalwana, uya kuba ngumkonzi
olungileyo ka-Yesu Krestu, usondhlelwa
emazwini okolo, nawolofundiso olungileyo
ululandeleyo. 7 Kodwa intsomi ezinge-
ngcwele ezibuxegokazira zale ; uz' uti
ke wena uziqelisele ububedesho. 8 Ngo-
kuba ukuqeliswa kwomzimba kunceda
ngokuncinane ; kodwa ububedesho bunceda
ngennxa zonke, ekubeni bunaso isite-
mbiso sobubomi bakaloku nje, nesobo buza
kubako. 9 Linyanisekile elilizwi, lifanele
konke ukwamkelwa kanjako. 10 Ngo-
kuba kona oku sikusebenzela sikutukelwa
nokukutukelwa, kuba sitembile KUTIXO
ohleliyo, ongumsindisi wabo bonke abantu,
*engulowo* kakulu ke wamakolwa.
11 Yalelani ngezizinto uzifundise. 12
Makungabiko 'mntu obudela ubutsha bako,
uti ube ngumzekelo kuwo amakolwa, eku-
teteni, ekumileni, elutandweni, emmoyeni,
enkolweni, ebucocweni. 13 Yiti, ndide
ndifike, uzibekisele ukulesesha, ukuyala,
ukufundisa. 14 Uze ungabi ungakataleli
isipiwo esikuwe, owabunikwa sona ngabo
ubuprofitesho ndawonye nokubekwa kwe-
zandhla zenklanganiso zabadala. 15 Ci-
ngela ezizinto ; hlala ukuzo ; ukuze uku-
hanjiswa kwako kube kubonakala kubo
bonke. 16 Zigqale wena nokufundisa
*kwako ;* uman' ukuma kuzo : ngokuba oku
ukwenza njo, uya kuti nawe uzisindise
nabo abakuvayo.

5 *INDODA* endala ungayitetisi ngobu-
kali, uti uyiyale njengoyihlo ; amatsha
njengabaninawe ; 2 *amankazana* amadala
njengonyoko ; amatsha njengodade, ebuco-
cweni bonke.
3 Beka abahlolokazi abangabahlolokazi
ngennene. 4 Ukuba kodwa kuko umhlo-
lokazi onabo abantwana umhlaumbi aba-
zukulwana, mabafunde kuqala ukwenza



University of Fort Hare

ngobubedesho kokwabo, babuyisele abazali
*babo:* ngokuba oku kulungile, kukolekile
ebusweni BUKATIXO kanjako. 5 Kodwa uti
lowo ungumhlolokazi ngenene, oshiyiwe
yedwa, atembe KUTIXO, aman' ukuhlala
ekukungeni nasekutandazeni ebusuku na-
semini: 6 kanti lowo upila ngobuyolo,
ufile nxa ahleliyo. 7 Nezizinto yalela
ngazo, ukuze babe bengenakukalazelwa.
8 Ukuba kodwa kuko umntu ongabazale-
leli abake, nakakulu ke abendhlu yake,
ulukanyele ukolo, umbi kongakolwayo
kanjalo.

9 Makungabalelwa abe ngumhlolokazi
opantsi kweminyaka emashumi matandatu
ubudala bake, umfazi wendoda 'nnye,
10 enqinelwa kakuhle ngemisebenzi elu-
ngileyo: ukuba wabondhla abantwana,
ukuba wabamkela endhlwini abasemzini,
ukuba wazihlamba innyawo zabangcwele,
ukuba wabasiza ababandezelweyo, ukuba
wati nama ukulandela yonke imisebenzi
elungileyo. 11 Kodwa abahlolokazi aba-
tsha bale; ngokuba okuya bavukele u-
Krestu ngobutshinitshini befuna ukwe-
nda, 12 benokugwetywa, kuba ukolo
*lwabo* lwokuqala belulahlile. 13 Bati
kanjalo kunye noko bafunde ukuba nga-
mavila, behambahamba kwizindhlu nge-
zindhlu; bengengamavila ke kodwa, koko
kanjako bengamaroborobo nabazifakayo
ezintweni zabanye, beteta izinto ezinga-
fanelekileyo. 14 Ndinga bangati ngoko
*abahlolokazi* abatsha bende, bazale aba-
ntwana, bapate indhlu, bangavuleli uma-
lano ituba lokutuka. 15 Ngokuba bese
betyekile innxennye ukuya emva kwo-
Satane. 16 Ukuba kuko ikolwa umhlau-
mbi ikolwakazi elinabo abahlolokazi, ma-
libasize, ize ingatwaliswa iremente, ukuze
ibasize abo bangabahlolokazi ngenene.

17 Mabati abadala abapatayo kakuhle
babalwe ukuba bafanele imbeko epindi-
weyo, kube ngabo kakulu ke abasebenzayo
elizwini naselufundisweni. 18 Ngokuba
sisitsho isibàlo ukuti: Inkabi yakubula
akukuyifaka umkala; nokuti: Umsebenzi
ufanele umvuzo wake. 19 Ungakwamkeli
ngakuye ongumdala ukunikwa kwetyala,
ngapandhle kwokuba kungomlomo wama-
nqina amabini umhlaumbi amatatu. 20
Abo bonayo bohlwaye ebusweni babo
bonke, ukuza abanye nabo babe nokwo-
yika.

21 Ndiya*ku*yala kunene pambi kwake
UTIXO, NENKOSI u-Yesu Krestu, nengelosi
ezinyuliweyo, ukuba uzibambe ezizinto
ungenakugweba pambili, ungenzi luto
ngokuketa abantu. 22 Unganxami uku-
beka izandhla emntwini; kanjako ungabi
nabudhlelana nezono zabanye abantu. Zi-
gcine ucokisekile. 23 Ungabi sengumseli
wamanzi, uti upuze intwana yeveyine ngen-
nxa yesisu sako nezilwelwe zako ezifuti.
24 Izono zabanye abantu ziyabonakala kwa
sekuhleni, zi*b*andulela ukuya ekugwebeni;
nabanye kambe ziyabalandela ngasemva.
25 Ngokunjalo nayo imisebenzi elungileyo
*yabanye* iyabonakala ekuhleni; naleyo
ingenjalo ayingefihleke.

6 MABATI abo basukuba bengamakonza
ngapantsi kweyokwe babalele abazo
inkosi ukuba zifanele imbeko yonke, ukuze
kungagxekwa igama LIKATIXO nofundiso
*lwake.* 2 Kanjako abo banazo inkosi ezi-
kolwayo, mabanga*zi*deli, kuba zingabaza-
lwana; koko mabati ngakumbi ba*zi*konze,
kuba bengamakolwa nabatandwa abo ba-
lwamkelayo uncedo lwesenzelelo *sabo.* Uti
ezizinto uzifundise uziyale.

3 Ukuba kuko umntu ongumfundisi wo-
fundiso olulumbi, oti kanjako angavumeli
amazwi anobomi, AWENKOSI yetu u-Yesu
Krestu, nofundiso oluyelelana nobubede-
sho, 4 ukukumele liratshi, engazi luto
kakulu noko, koko egeza ngemibuzo
nezipikisano ngamazwi, okuvela kuzo
umona, ipike, ingxeko, izirano ezikohlake-
leyo, 5 ingxolisano ezigwenxa zabantu
abaluvo lwonakeleyo, abalahlekene nen-
nyaniso kanjalo, beba ububedesho buyin-
zuzo. Gwegweda kubo abanjalo.

6 Kodwa ububedesho ndawonye noku-
tomalala buyinzuzo enkulu. 7 Ngokuba
singangenanga nanto elizweni; kuseku-
hleni ukuba kanjako asingepume nanto.
8 Kodwa sakuba sinezinto zokutya nezo-
kwambata, masitomalale zizo ezi. 9 Ko-
dwa abo banga bangaba zizityebi baye-
yela ekulingweni, nasemgibeni, nasezinka-
nukweni ezinninzi ezibudenge ezenzaka-
lisayo, eziti ke zona zibantywilise abantu
embujisweni nasentshabalalweni. 10 Ngo-
kuba ukutanda imali kuyingcambo yabo
bonke ububi; abate innxennye beyinqwe-
nela balahleka kulo ukolo, bazibadhluza
ngentsizi ezinninzi.

11 Wena kodwa, ndoda KATIXO! baleka
ezizinto; uze uputume ubulungisa, ubu-



University of Fort Hare

bedesho, ukolo, utando, umonde, ululamo.
12 Yilwa ukulwa okulungileyo kwokolo;
bubambe ubomi obungunapakade, owabu-
bizelwa kubo kanjalo, wayivuma imvu-
mo elungileyo pambi kwamanqìna ama-
ninzi. 13 Ndiyakuyala ebusweni BUKATIXO
ozipilisayo izinto zonke, *nasebusweni*
buka-Krestu Yesu, owayinqìnayo pambi
kwo-Pontiyusi Pilati imvumo elungileyo,
14 ukuba uwugcine umyalelo ube unge-
nabala, ungenakukalazelwa, kude kubeko
ukubonakala KWENKOSI yetu u-Yesu Krestu;
15 aya kubonakalisa kona kwawake ama-
xesha, lowo ungosikelelweyo nongokupela
KWOSOMANDHLA, onguye UKUMKANI kaku-
mkani NENKOSI kankosi; 16 ongokupela
kwonokungafi, ehleli ekukanyeni okunge-
nakusondelwa, ekungeko namnye umntu
owambonayo, ekungeko ongambonayo ka-
njako: okuye *makubeko* udumo namandhla
angunapakade. Amene.
17 Abazityebi kwelilizwe lakaloku nje
bayalele ukuba bangaqanqalazi, bangate-
mbi ebutyebini obungenakuqina kanjako,
bati *batembe* KUTIXO ohleliyo, osinikayo
ngobuninzi zonke izinto kudhliwe uku-
yola *ngazo;* 18 ukuba benze ngobubele,
batyebe emisebenzini elungileyo, banxa-
mele ukwahlulahlula, batande ukwabela;
19 beziqwebela umsekelo olungileyo beka-
ngela ixesha elizayo, ukuze babambe ubomi
obungunapakade.
20 Wa 'Timote! gcina oko kubekelweyo
kuwe, ukupepa nje ukubadaza okunge-
ngcwele nokucasa kwokwazi okubizwa
njalo ngobuxoki; 21 abate innxennye
bexela ukuba banako baposisa ngalo ukolo.
Ufefe malube nawe. Amene.

---

EYESIBINI

## INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUYE UTIMOTE.

---

### ISAHLUKO I.

UPAULUSI, umpostile ka-Yesu Krestu
ngayo intando KATIXO, ngokwesite-
mbiso sobomi obuku-Krestu Yesu, 2 kuye
u-Timote umntwana *wami* otandiweyo:
Ufefe, nobubele, *n*oxolo, luvela kuye UTIXO
uyise, no-Krestu Yesu INKOSI yetu.
3 Ndiyabulela KUTIXO, endimkonzayo ko-
makulu *bami* ngesazeliso esicocekileyo, uku-
ba singenakuyeka isikumbulo endinaso nga-
we ezikungweni zami ebusuku nasemmini,
4 ndilangazelela ukukubona, ndikumbulela
innyembezi zako nje, ukuze ndizaliswe
luvuyo; 5 ndakuba ndikumbula ukolo
olungazenzisiyo olukuwe, olona lwemayo
kuqala kunyokokulu u-Loyise, nakunyoko
u-Yunike, endikolwa kanjako ukuba *lumi*
nakuwe. 6 Enditi ngennxa yalendawo
ndikukumbuze ukuba usivuselele isipo
SIKATIXO, esikoyo kuwe ngokubekwa kwe-
zandhla zami. 7 Ngokuba UTIXO engasini-
kanga umoya wobugwala, koko *wasinika*
owamandhla, nowotando, nowokuzikali-
mela.
8 Ize ngoko ungabi nankloni ngabo ubu-
nqìna BENKOSI yetu, nangami kanjako um-
banjwa wayo; uti ubuve ubunzima kunye
*nami* ngennxa yayo ivangeli ngokwama-
ndhla KATIXO: 9 owasisindisayo, wasibiza
ngokubiza okungcwele, bekungengokwe-
misebenzi yetu, bekungokweyake imvumo
nofefe olwanikwa kuti ku-Krestu Yesu
engekabiko onke amaxesha akudala, 10
kodwa lubonakalisiwe kaloku ngako uku-
bonakala kwomsindisi wetu u-Yesu Krestu,
owatshabalalisa ukufa, wazisa ekuhleni
ubomi nokungaboli ngayo ivangeli; 11
endamiselwa yona ndibe ngumshumayeli,
nompostile, nomfundisi wabaheyideni:
12 enditi kanjalo ngennxa yalendawo ndi-
zive ezizinto: andinankloni noko; ngokuba
ndimazi lowo endibekile kuye itemba lami,



University of Fort Hare

ndikolwa kanjako ukuba unamandhla uku-
gcina oko ndikubekeleyo kuye kude kube
ngumhla lowo.
13 Wubambe umlinganiso wamazwi ano-
bomi, owabuweva kumi, elukolweni naso-
lutandweni olukuye u-Krestu Yesu. 14
Leyonto ilungileyo ebibekelwa kuwe yi-
gcine ngaye umoya oyingcwele omiyo
kuti.
15 Uyakwazi oku, okokuba bapambuka
kumi bonke abo base-Asiya; abangabakubo
ngu-Figelo no-Heremogenisi. 16 Yanga
ingati INKOSI inike ububele kwindhlu ka-
Onesiforo; kuba futi wandonwabisa, enga-
banga nankloni ngawo umxokolelwane
wami kanjalo: 17 koko wati akufika e-
Roma, wandifuna ngokukutala ngakumbi,
wa*nd*ifumana. 18 Yanga INKOSI inganika
kuye ukuba afumane ububele KWINKOSI
kuwo umhla lowo: nezinto ezingakanana
abekonza ngazo e-Efeze, uyazazi wena ka-
kulu ku*mi*.

2 WENA ngoko, nyana wami! yomele-
zeka elufefeni olukuye u-Krestu Yesu.
2 Nezozinto wabuziva kumi ebusweni
bamanqina amaninzi, zona ezi zibekele
kubantu abanyanisekileyo, abo ke abaya
kuba namandhla okufundisa nabanye. 3
Wena ngoko nyamezela ubunzima nje-
ngesodati elilungileyo lika-Yesu Krestu.
4 Akuko 'mntu ekonza njengesodati ozi-
rintyelayo ngemicimbi yokudhliwa kwo-
bomi; ukuze akolise lowo wamqeshayo
abe lisodati. 5 Naxeshekweni kanjako
kulwayo umntu ezindhlalweni, akafakwa
isitsaba xeshekweni angalwanga ngo-
kwomteto. 6 Umlimi osebenzayo ufanele
ukwamkela kuqala kwiziqamo. 7 Qonda
izinto endizitshoyo; yanga ke INKOSI inga-
kunika ingqiqo ezintweni zonke.
8 Kumbula u-Yesu Krestu njengokuba
evusiwe ekufeni, owakuyo inzalo ka-
Davide, ngokwevangeli yami: 9 ekuyo
ndibuvayo ubunzima njengomenzi wen-
kohlakalo kude kube zizinxibo; kodwa
lona ilizwi LIKATIXO alinxityiwo noko.
10 Ngenxa yoku zonke izinto ndiyazinya-
mezela ngenxa yabo abaqashwa, ukuze
nabo bona baluzuze usindiswa olukuye
u-Krestu Yesu ndawonye nobungcwalisa
obungunapakade. 11 Linyanisekile eli-
lizwi: Ukuba ke safa kunye na*ye*, siya
kubudhla ubomi kunye na*ye* kanjako: 12
ukuba siyanyamezela, siya kupata ubukosi
kunye na*ye* kanjako: ukuba siya*m*ka-
nyela, naye lowo wosikanyela tina: 13
ukuba asinyanisekile tina, uyahlala e-
nyanisekile lowo *noko;* akangezikanyele
yena.
14 *Ba*kumbuze ezizinto, u*ba*yala kunene
nje pambi KWENKOSI ukuba bangapikisani
ngamazwi, okungenakunceda nganto, kube
kukweyeliselwa kwabevayo. 15 Nxamela
ukuzimisa KUTIXO ubukiwe, ungumsebenzi
ongadanele 'nto, ulungisa ukwaneka ilizwi
lennyaniso. 16 Kodwa ukuba*d*laza okunge-
ngcwele kunxweme: ngokuba beya kuha-
mbisa ngento enkulu ngakumbi ekungabe-
deshini; 17 nelizwi labo liya kudhla nje-
ngesiboliso: abangabakubo ngu-Himeneyo
no-Fileto, 18 abate ngayo innyaniso bapo-
sisa, besiti ukuvuka *kwabafileyo* sekuhlile
kade, bewisa ukolo lwennxennye kanjalo.
19 Noko ke umsekelo ote nqi KATIXO umi,
unaso isincamatiselo esi: INKOSI iyabazi
abangabayo; nakanjako: Mabemke koku-
ngalungileyo bonke abalikankanyayo igama
lika-Krestu. 20 Kodwa endhlwini enkulu
aziko impahla zegolide nezesilivere
zodwa, ziko ezemiti nezodongwe nazo;
ezinnye ke zibe zezinokubekwa, nezinnye
zibe zezingenakubekwa. 21 Xeshekweni
ngoko umntu azihlambululayo kwezi, uya
kuba yimpahla yokubekwa, yenziwe
ngcwele, nenokunceda kunene kumnini-
ndhlu, ilungiselwe yonke imisebenzi
elungileyo.
22 Kodwa inkanuko zobutsha zibaleke;
uze uputume ubulungisa, ukolo, utando,
uxolano nabo bayibizayo KWINKOSI ngen-
kliziyo ecocekileyo. 23 Kodwa imibuzo
ebudenge ebadamekileyo yale, usazi nje
ukuba iyazivelisa impikiswano. 24 Ka-
njalo isicaka SENKOSI asifanele ukupika;
koko *sifanele* ukuti sibe sinokutamba nga-
kubo bonke, silungele ukufundisa, sinya-
mezela ububi, 25 sibaluleka ngolulamo
abo babambanayo *naso;* ukuba umhlaumbi
UTIXO angabanika uguquko kube kukwa-
ziwa kwennyaniso, 26 baze babuyo bavuke
emgibeni ka-Satano, bebanjiwe nje nguyo
ukwenza intando yake.

3 YAZI kanjalo oku, okokuba emihleni
yokugqibela iya kuza kubako imihla
enzima. 2 Ngokuba abantu beya kuba
ngabazitandayo, abatanda imali, abazidhla-
yo, abaqanqalazayo, abagxeki, abangevayo
abazali, abangenakubulela, abangenabu-



University of Fort Hare

ngcwele, 3 abangenalutando lwokuvela,
abangaxoliseki, abancetezi, abangenabu-
ncatu, izibovubovu, abatiya abalungileyo,
4 ingcatsha, injubaqa, abakukumele
liratshi, bengabatanda imihlali ngapezu
kwokuba bangabatanda UTIXO; 5 benaso
isimilo sobubedesho, kodwa amandhla abo
bewakanyele: deda kubo abanjalo. 6
Ngokuba bengabakubo aba abo bakaselayo
ezindhlwini, batimbe amankazana azide-
nge, etweswe zizono, erolwa zinkanuko
ngenkanuko, 7 emana efunda, kanti enge-
namandhla okuza ekwaziweni kwennya-
niso napakade. 8 Kekaloku njengokuba
u-Jane no-Jambere bebemelana no-Mosesi,
kwa njalo nabo aba bayamelana nennya-
niso; abantu abaluvo lwonakele kanye,
bengabaliwayo ngalo ukolo. 9 Kuloko
bengayi kuhambisa ngento enkulu nga-
kumbi; ngokuba ubugeza babo buya kubo-
nakala kubo bonke kwa sekuhleni, nje-
ngokuba nobabo abo bebunjalo.

10 Kodwa wena ute nama ukulanda
eyami imfundiso, impato, imvume, ukolo,
ukuzeka kade, utando, umonde, 11 intshu-
tshiso, inklungu;—*inklungu* ezinjengezo
zandihlelayo e-Antiyoki, e-Koniyume, e-
Lisitira; intshutshiso ezinjengezo ndazi-
nyamezelayo; kanti INKOSI yandihlangula
kuzo zonke. 12 Ewe, bonke abatanda
ukuhlala ngobubedesho ku-Krestu Yesu
baya kutshutshiswa nabo. 13 Kodwa
abantu abakohlakeleyo nabanyangi baya
kuhambisela kokubi ngakumbi, bekohlisa
bekohliswa nokukohliswa.

14 Wena kodwa hlala kwezonto uzifu-
ndileyo noziqiniselweyo, usazi nje lowo
wazifunda kuye; 15 nokokuba uti ku-
tabata ebuntwaneni *bako* uzazile izibàlo
ezingcwele, ezinamandhla ukukwenza
ulumkele usindiswa ngalo ukolo olukuye
u-Krestu Yesu. 16 Zonke izibàlo zinikwa
ngokupefumlela KUKATIXO, zinceda kanjalo
ukuba kufundiswe, ukuba kohlwaywe,
ukuba kulungiswe, ukuba kululekwe
ebulungiseni; 17 ukuze indoda KATIXO
ibe ifezekile, ilungiselelwe yonke imise-
benzi elungileyo ngokuzalisekileyo.

4 Ndiyakuyala kunene ngoko pambi KWO-
TIXO, napambi KWENKOSI u-Yesu Krestu,
oya kugweba abahleliyo nabafileyo ekubo-
nakaleni kwake nasekufikeni kwobukumkani
bako: 2 shumayela ilizwi; nyameka
ngexesha elifanelekileyo, nangexesha eli-
ngafanelekileyo; yohlwaya, tetisa, yala,
ngako konke ukuzeka kade nokufundisa.
3 Ngokuba ixesha liya kubako okuya
bangayi kunyamezela ufundiso olunobomi;
koko beya kuti ngokwezabo inkanuko
bazifumbele abafundisi, bebaba indhlebe
nje; 4 babeya kusonga indhlebe *zabo*
kuyo innyaniso ke, baze batyekele ngase-
zintsomini. 5 Kodwa wena qabuka ezin-
tweni zonke, nyamezela ubunzima, yenza
umsebenzi womvangeli, kolisa ukufeza
ubukonzi bako.

6 Ngokuba mina ndise ndinokutululwa,
nexesha lokunduluka kwami likufupi. 7
Ukulwa okulungileyo ndikulwile, uhambo
*lwami* ndilugqibile, ukolo ndilugcinile.
8 Okuseleyo, kuyandibekelelwa isitsaba
sobulungisa, eso INKOSI, umgwebi olungi-
leyo, iya kusinika kumi emhleni lowo;
kungekumi ke ndedwa, kukubo bonke
abatandayo ukubonakala kwayo nabo.

9 NXAMELA ukuza kumi kamsinya:
10 ngokuba u-Demasi endishiyile ngoku-
litanda elilizwe lakaloku nje, waya e-Tesa-
lonika; u-Kiresike *uye* e-Galati, u-Titusi
*uye* e-Dalamati. 11 Ngu-Luke yedwa
okoyo nami. Tabata u-Maraki, umziso
kwa nawe: ngokuba enokunceda kunene
kumi ebukonzini. 12 Kodwa u-Tikikusi
ndamtuma ukuya e-Efese. 13 Longubo
ndayishiyayo e-Tirowa ku-Karipo, yiti
wakuza uwuzise *nawe*, kwa nazo innewadi,
*na*ngokukodwa zona izintsu.

14 U-Aletsandere inncibi yobedu wa-
ndenzela ububi obuninzi: yanga INKOSI
ingamvuza ngokwemisebenzi yake. 15
Oyena mlumkele nawe; ngokuba emelene
namazwi etu kakulu.

16 Ngokwokuqala ukuziteteleia kwami
akwabiko namnye owandivelelayo, koko
bonke bandishiyayo: kwanga kungeba-
lelwe kubo. 17 Kodwa INKOSI yema nga-
kumi, yandomeleza; ukuze intshumayelo
iti ngami ikolise ukufezwa, nokuba bonke
abaheyideni babe nokuva: kanjako nda-
hlangulwa emlonyeni wengonyama. 18
Yaiya kuti INKOSI indihlangule kuyo yonke
imisebenzi ekohlakeleyo, *indi*sindise ndize
ebukumkanini bayo basezulwini: ekuyo
*makubeko* ubungcwalisa kude kube nguna-
pakade kanapakade. Amene.

19 Bulisa u-Pirisila no-Akwila, naben-
dhlu ka-Onesiforo. 20 U-Erastusi wasala
e-Korinte; kodwa u-Trofimo ndamshiya
e-Milito esifa. 21 Nxamela ukuza bunge-



University of Fort Hare

kabiko ubusika. Uyakubulisa u-Yubulo,
no-Pudena, no-Laino, no-Kilodiya, nabo
abazalwana bonke.
22 Inkosi u-Yesu Krestu maibe
nommoya wako. Ufefe malube nani.
Amene.

# INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI
# KUYE UTITUSI.

## ISAHLUKO I.

1 UPAULUSI, isicaka SIKATIXO, nom-
postile ka-Yesu Krestu, ngokwokolo
lwabaqashwa BAKATIXO nokwaziwa kwen-
nyaniso eyelelana nobubedesho, 2 etembeni
lobomi obungunapakade, owayeto UTIXO
ongenakuxoka wabubekela ngedinga enge-
kabiko onke amaxesha akudala, 3 kodwa
walibonakalisa kwawake amaxesha ilizwi
lake ngentshumayelo, endapatiswa yona
ngokwomyolelo womsindisi wetu UTIXO;
4 kuye u-Titusi, *owami* umntwana wen-
nyaniso ngokwokolo olulolwabo bonke:
Ufefe, ububele, *n*oxolo, luvela kuye UTIXO
uyise, NENKOSI u-Yesu Krestu umsindisi
wetu.
5 Ngennxa yalendawo ndakushiya e-
Kirete, ukuba uhambise ukuzilungisa
ezonto zisaswelekileyo, ubamise abadala
kuzo zonke izixeko, njengoko ndakuyale-
layo: 6 ukuba kuko onganikwa 'tyala
lanto, eyindoda yomfazi 'mnye, enabantwa-
na abakolwayo, bengenakunikwa 'tyala
lababedengu, bengengabangenakululamela
kanjalo. 7 Ngokuba ongumlindi efanele
ukuba abe ngonganikwa 'tyala lanto,
njengokuba eligosa LIKATIXO; angabi
ngonenkani, angabi ngoqumba 'msinya,
angabi ngohlala kade pezu kweveyine,
angabi ngumbeti, angabi ngonxamela
inzuzo embi, 8 abe ngumbuki wabasem-
zini, umtandi wabalungileyo, enobuteleke-
lelo, enobulungisa, enobungcwele, enobu-
ncatu; 9 ebambelela kwilizwi elinyanise-
kileyo njengokufundiswa kwake, ukuze
abe namandhla kwa nokuyala ngemfundiso
enobomi, nokwanyela abapikayo.
10 Ngokuba kuko abafumana beteta
nabakohlisi abaninzi abangenakululamela,
abona banjalo kakulu bengabo basekwa-
lukeni; 11 abamilomo ifanele ukutiwa
vingci, ekubeni baziwisayo izindhlu zipela,
befundisa izinto ekungafanele ukuba
*bazifundise*, ngennxa yenzuzo embi. 12
Watsho umntu wakuwo, umprofite wako-
wawo, ukuti: Ama-Kirete ngamaxoki
futi, ngamaramncwa amabi, zizisu ezi-
nqenayo. 13 Ubunqina obu buyinnene.
Yiti ngennxa yelituba ubohlwaye ngobu-
kali, ukuze babe bepilile elukolweni;
14 benganyamekeli intsomi zakuma-Juda
nemiyalelo yabantu abapambukayo kwin-
nyaniso.
15 Kubo abacocekileyo zonke izinto
zicocekile: kodwa kubo abancolisekileyo
nabangakolwayo akuko 'nto ecocekileyo;
koko kuncolisekile kwa noluvo lwabo
nesazeliso *sabo*. 16 Bayaxela ukuba
bayamazi UTIXO; kodwa emisebenzini
*yabo* baya*m*kanyela, bengabazondekayo,
nabangevayo, nangakuyo yonke imisebenzi
elungileyo benokwaliwa.

2 WENA kodwa teta ezonto zifaneleyo
ufundiso olunobomi: 2 ukuba ama-
xego abe zinncatu, enokuzibeka, enobu-
telekelelo, epilile elukolweni, elutandweni,
emondeni: 3 ukuba ngokunjalo amaxego-
kazi ati ekumileni abe njengokufanele
ubungcwele, engengabancetezi, engenga-
makonza kwiveyine enninzi, engabafundisi
bokulungileyo; 4 ukuze aluleke abafazi
abatsha batande amadoda abo, batande
abantwana babo, 5 babe nobutelekelelo,
babe becokisekile, babe ngabahlala en-
dhlwini, babe belungile, babe belulamela
kwawabo amadoda, ukuze ilizwi LIKATIXO
lingagxekwa.
6 Ngokunjalo amadoda amatsha wayale
ukuba enze ngokutelekelela: 7 uzibona-
kalisa ngokwako nje ngento zonke ukuba
ngumlinganiselo wemisebenzi elungileyo;



University of Fort Hare

*ubonakalisa* ekufundiseni *kwako* okungona-
kaliswayo, ukuzibeka, 8 ukuteta okuno-
bomi okungenakugwetywa, ukuze ocasayo
enzelwe inkloni, engenanto embi yokuteta
ngani.
9 Amakonza *wayale* ukuba alulamele
kwezawo inkosi, abe ezintweni zonke
ekolekile *kuzo*, engapiki, 10 engashinti,
koko ebonakalisa yonke innyaniseko elu-
ngileyo; ukuze aluhombe ufundiso lwom-
sindisi wetu UTIXO ezintweni zonke.
11 Ngokuba lubonakele ufefe LUKATIXO
oluzisa usindiso kubo bonke abantu, 12
lusifundisa ukuba siti, sikanyele nje
ukungabedeshi nenkanuko zasemhlabeni,
sihlale ngobutelekelelo nangobulungisa
nangobubedesho kwelilizwe lakaloku nje;
13 silinda itemba elibutamsanqa nokubo-
nakala kwobungewalisa bake UTIXO om-
kulu nomsindisi wetu u-Yesu Krestu,
14 owazinikela tina, ukuze asikulule
kuko konke ukukohlakala, azihlambululele
abantu abangabake kanye, bezondelele
imisebenzi elungileyo. 15 Teta ezizinto,
uyale, wohlwaye ngamandhla onke. Ma-
kungabiko 'mntu okudelayo.

3 BAKUMBUZE ukuba balulamele
kwabanobukosi nakwabanegunya, babe
nokupulapula, babe belungele yonke
imisebenzi elungileyo, 2 bangagxeki
'mntu, bangabi ngabangxoli, babe noku-
tamba, bebonakalisa ululamo lwonke nga-
kubo bonke abantu. 3 Ngokuba tina nati
sibe sifudula sibudenge, singeva, silahleka,
sikonza inkanuko nemihlali emininzi,
sihlala elunyeni nasemoneni, sitiyeka,
sitiyana. 4 Kodwa okuya kwabonakalayo
ububele bomsindisi wetu UTIXO notando
*lwake* ngasebantwini, 5 bekungengemise-
benzi yobulungisa esayenzayo tina, be-
kungokwetaru lake wasisindisayo, ngako
ukuhlamba kwokuzalwa-kutsha nokuhla-
ziya kwomoya oyingcwele; 6 ate wam-
galela pezu kwetu ngobuninzi ngaye u-
Yesu Krestu umsindisi wetu; 7 ukuze ke,
sigwetyelwe nje ngofefe lwake, sibe
zindhlalifa ngokwetemba lobomi obungu-
napakade.
8 Linyanisekile elilizwi; nezizinto ndi-
nga ungaqinisa ukutshoza ngazo, ukuze
abo bakoliweyo KUTIXO bakatalele uku-
kutala emisebenzini elungileyo. Zizo ezi
izinto ezilungileyo nezinokunceda eba-
ntwini. 9 Kodwa imibuzo ebudenge, ne-
zibàlelwa zokuzalwa, namapike, nezipiki-
sano ngawo umteto, zinxweme; ngokuba
zingenakunceda, zingendawo kanjalo. 10
Umntu ongumahlukanisi, yiti emveni
kwesesinye nesesibini isiluleko, umalo; 11
usazinje ukuba lowo unjalo upanjukisiwe
kanye, esona nokwona, ezigweba yena
ngokwake.

12 XESHEKWENI ndiya kumtuma
kuwe u-Aratema, umhlaumbi u-Tikikusi,
nxamela ukuza kumi e-Nikopolisi: ngo-
kuba ndigwebile ukuba ndiya kwenza
ubusika kwa lapo. 13 U-Zenasi umqondi-
simteto, no-Apolosi, nxamela ukubahu-
mbisa ekuhambeni kwabo, kuze kunga-
sweleki 'nto kubo. 14 Kanjalo mabafunde
nabetu ukukutala emisebenzini elungi-
leyo ngennxa yentswelo ezifanele ukuba-
ko, ukuze bangabi ngabaputileyo.
15 Bonke abanami bayakubulisa. Bu-
lisa abo basitandayo elukolweni.
Ufefe malube nani nonke. Amene.

## INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUYE UFILEMONE.

UPAULUSI, umbanjwa ka-Krestu Yesu,
no-Timote umzalwana *wetu*, ku-File-
mone umtandwa *wetu* nomsebenzisi wetu,
2 naku-Afiya umtandwakazi *wetu*, naku-
Arikipo olisodati kunye nati, nakuyo ire-
mente esendhlwini yako: 3 Ufefe malube
kuni, noxolo, luvela kuye UTIXO ubawo
wetu, NENKOSI u-Yesu Krestu.



University of Fort Hare

4 Ndiyabulela KUTIXO wami, ndikukankanya amaxesha onke emitandazweni yami, 5 ndisiva nje utando lwako nokolo, olo unalo ngakuyo INKOSI u-Yesu, nangakubo bonke abangcwele; 6 ukuba ubudhlelana bokolo lwako bube busebenza ekwaziweni kwako konke okulungileyo okukuni, *busebenz*ela u-Krestu Yesu. 7 Ngokuba sinalo uvuyo oluninzi nonwabiso elutandweni lwako, kuba umbilini wabangcwele upunyuziwe ngawe wena, mzalwana!

8 Ngako oko, nangona ndinalo ukalipo oluninzi ku-Krestu lwokuba ndikuyalele oko kufanelekileyo, 9 noko ngennxa yotando nditi ngokukumbi ndi*ku*kunge; ndingonjalo nje njengo-Paulusi elixego, ndingumbanjwa ka-Yesu Krestu ngoku nakanjako. 10 Ndiyakukunga ngennxa yowami umntwana, endimzeleyo ekubanjweni kwami, u-Onesimusi; 11 obefudula engancedi luto kuwe, kodwa kaloku enokunceda kunene kwa kuwe nakumi; 12 endimbuyisileyo. Zuti ke wena umamkele, oko kukuti owami umbilini: 13 endibe ndifuna mina ukunga ndingambambezela *apa* kumi, ukuze ati esikundhleni sako andikonze emibanjweni yevangeli: 14 kodwa ngapandhle kwokuvumela kwako ndabendingatandi ukwenza into, ukuze isenzo sako esilungileyo singabi njengokungati singokunyanzelwa, koko *sibe* ngokuvuma. 15 Ngokuba kungati umhlaumbi ngennxa yoku wemka kube lixeshana, ukuba ubuye ube naye ngonapakade; 16 engasenjengekonza, koko epezulu kwikonza, engumzalwana otandiweyo, kakulu ke kumi, kodwa kangakananina ngakumbi kuwe, nasenyameni nasENKOSINI? 17 Ukuba ngoko uyandibala ukuba likolwane, mamkele njengami. 18 Ukuba kodwa ukwonile umhlaumbi unetyala kuwe ngento, yona le yibalele kumi; 19 mina 'Paulusi ndibàlile ngesami isandhla, ndiya kuhlaula mina: ukuba ndingatsho kuwe ukuti unetyala lesiqu sako kumi pezu *kwayo*. 20 Ewe, mzalwana *wami!* mandizuze uncedo kuwe ENKOSINI: wupumze umbilini wami ENKOSINI.

21 Nditembela ekuveni kwako nje ndibàlile kuwe, ndisazi ukuba uya kwenza napezulu kwoko ndikutshoyo. 22 Kanjalo kunye noko ndilungisele indawo yokuhlala: ngokuba ndinetemba lokuba ndiya kupiwa kuni ngayo imitandazo yenu.

23 Kuyakubulisa u-Epafrasi, ongumbanjwa kunye nami ku-Krestu Yesu; 24 u-Maraki, u-Aristariko, u-Demasi, u-Luke, abangabasebenzisi bami.

25 Ufefe LWENKOSI yetu u-Yesu Krestu malube nommoya wenu. Amene.

---

INNCWADI YOMPOSTILE UPAULUSI

# KUWO AMAHEBERE.

---

ISAHLUKO I.

NGEZAHLULO ezininzi nangendawo ezinninzi etetile nje UTIXO kudala kubo obawo ngabo abaprofite, 2 uto kulemihla yokugqibela wateta kuti NGONYANA, ammisileyo ukuba yindhlalifa yezinto zonke, okungaye kanjalo wawenza amazwe akoyo; 3 owati, eyinkazimlo yobungcwalisa *bake* nemfano yesiqu sake, epata nokupata zonke izinto ngelizwi lamandhla ake, eyenzile ngokwake nje inklanjululwa yezono zetu, wahlala pantsi ngasekunene kwobukulukazi ennyangweni yapezulu; 4 egqitisile ngokunjalo kuzo ingelosi, njengoko alizuzileyo ngelifa igama elidhluliseleyo ngapezu kwazo.

5 Ngokuba kwiyipina yazo ingelosi ebeka watsho ukuti: Ungunyana wami wena, ndikuzele namhla nje? nakanjako: Mina ndiya kuba nguyise kuye, naye woba ngunyana kumi? 6 Naxeshekweni kanjako amngenisayo umzalwa-tanci elizweni, uti: Mazimbedeshe yena zonke ingelosi ZIKATIXO. 7 Nangazo ingelosi uti: Owenza ingelosi zake ummoya, nabakonzi bake ilangatye lomlilo. 8 Kodwa ngaye



University of Fort Hare

UNYANA *kutshiwo ukuti:* Iterone yako, TIXO!
*yohlala* kude kube ngunapakade kanapa-
kade; intonga yobukumkani bako yinto-
nga yokulunga: 9 utandile ubulungisa,
watiya inkohlakalo; ngako oko UTIXO, kwa
UTIXO wako, wakutambisa ngeoli yovuyo
ngapezu kwamakolwane ako. 10 Nokuti:
Wena kwa sekuqalekeni, NKOSI! wabeka
ukuseka kwomhlaba; namazulu angum-
sebenzi wezandhla zako: 11 zotshabalala
zona, kodwa wena uhlala uko; ewe zonke
ziya kuguga njengengubo; 12 wauya ku-
zisonga njengesivato, zaziya kuguqulwa
ke: kanti wena ukwa nguwe; neminyaka
yako ayisayi kupela.
13 Kodwa kwiyipina yazo ingelosi uke
watsho ukuti: Hlala ngasekunene kumi,
ndide ndenze intshaba zako zibe sisitulo
sennyawo zako? 14 Zona zonke azingo-
moya abakonzayo na, betunyelwa ukwe-
nza inkonzo ngennxa yabo abaya kuzuza
usindiso?

2 Ngako oko sifanele ukuzinyamekela
kakulu ngakumbi izinto esiziviléyo,
hleze sike sipulukane *nazo.* 2 Ngokuba
ilizwi elibe litetwe zingelosi ukuba libe
liqinisekile, nokuba konke ukugqita no-
kungeva kwamkela umvuzo ofanelekileyo,
3 soti nina tina ukusinda sakuba singakata-
leli usindiso olukulu kangaka; olwati, lu-
tetiwe YINKOSI nje ukuqala kwalo, lwaqini-
selwa kuti ngabo ba*yi*vayo; 4 UTIXO enqi-
nelana na*bo* kwa ngemiqondiso, nangemi-
mangaliso, nangezenzo zamandhla ezininzi,
nangezabelo zomoya oyingcwele, njengo-
kwentando yake?

5 NGOKUBA engalibekanga pantsi
kwazo ingelosi ilizwe eliza kuza, elona
siteta ngalo. 6 Kodwa omnye wanqìnisa
endaweni etile, esiti: Uyinina umntu,
lento umkumbulayo; kwa nonyana woluntu,
lento umnonelelayo? 7 wamenza abe nga-
pantsi kancinane kuzo ingelosi; wamva-
tisa ngobungcwalisa nangodumo, wammisa
pezu kwemisebenzi yezandhla zako: 8 uzi-
bekile pantsi zonke izinto ngapantsi kwen-
nyawo zake. Ngokuba, ekubeni wazibe-
kayo ngapantsi kwake zonke izinto, aka-
shiya nannye ingabekwanga ngapantsi
kwake. Kodwa ngoku asikaboni zonke
izinto zibekiwe pantsi kwake. 9 Siyam-
bona kodwa u-Yesu, owenziwa abe nga-
pantsi kancinane kuzo ingelosi, ngennxa
yobuhlungu bokufa, evatisiwe ngobu-
ngcwalisa nangodumo, ukuze ati ngofefe
LUKATIXO abavele ukufa kwa bonke. 10
Ngokuba bekufanelekile kuye, ekungen-
nxa yake *ziko* zonke izinto, nekungaye *ziko*
zonke izinto, akuzisa onyana abaninzi ebu-
ngcwaliseni, ukuba afezekise imbangi yo-
sindiswa lwabo ngazo inklungu.
11 Ngokuba kwa nalowo ungcwalisayo
nabo bangcwaliswayo bevela kuye omnye
bonke: ekungennxa yalendawo akamn-
kloni ukubabiza ngabazalwana, 12 esi-
ti: Ndoshumayela igama lako kuba-
zalwana bami; pakati kwenklanganiso
ndovuma amaculo kuwe. 13 Nakanjako:
Ndoba nditembela kuye. Nakanjako:
Bona ke mina nabantwana endibapiweyo
NGUTIXO. 14 Ukuba ngoko bona aba-
ntwana bevela nennyama negazi, naye
ngokwake kwa ngokunjalo watabata kuzo,
ukuze ati ngako ukufa atshabalalise lowo
unamandhla okufa, oko kukuti, u-Satane,
15 akulule abo abebete ngokwoyika ukufa
babanjelwa ebukobokeni lonke ixesha
lokudhla kwabo ubomi. 16 Ngokuba oku-
nene engazincedi ingelosi, koko eyinceda
inzalo ka-Abrahame. 17 Kukona abefa-
neiwa kukuba afane nabazalwana *bake*
ngento zonke, ukuze abe ngumperisite
omkulu onofefe nonyanisekileyo ezintweni
ezilunge KUTIXO, aze enzele izono zabantu
isizi. 18 Ngokuba ekokubeni avile inklu-
ngu yena ngokwake akulingwa, angabasiza
abo balingwayo.

3 NGAKO oko, bazalwana abangcwele,
abalwamkeleyo ubizo lwasezulwini!
gqalani lowo ungumpostile nomperisite
omkulu wemvumelo yetu, u-Krestu Yesu;
2 obe enyanisekile kulowo wammisayo,
njengokuba naye u-Mosesi *ebenjalo* kuyo
yonke indhlu yake. 3 Ngokuba yena lo
ebalelwe ukuba ufanele ubungcwalisa obu-
kulu ngakumbi ngapezu kwo-Mosesi, kwa
njengoko anodumo olukulu kolwendhlu
lowo wayenzayo yona. 4 Ngokuba zonke
izindhlu zisenziwa ngotile; kodwa owa-
zenzayo izinto zonke NGUTIXO. 5 Kanjalo
u-Mosesi okunene ebenyanisekile kuyo
yonke indhlu yake, njengesicaka, kube ku-
kunqinwa kwezinto eziya kutetwa; 6 ko-
dwa u-Krestu, njengonyana pezu kwendhlu
yake; esiyiyo indhlu yake tina, xeshekweni
kambe ukalipo noqayiselo lwetemba *letu*
silubamba luqinisekile kude kube sekupe-
leni.



University of Fort Hare

7 Ngoko, njengokuba esiti umoya oyin-
gcwele, Namhla nje, nakuliva ilizwi lake,
8 maningazenzi lukuni inkliziyo zenu,
njengasengcapukisweni, ngomhla woku-
linga enklango; 9 okuya oyihlo benu ba-
ndilinga, bandivavanya, baza babona imi-
sebenzi yami iminyaka yamashumi mane.
10 Ngoko bendiqumbele isizukulwana eso,
ndati: Bayalahleka futi ngenkliziyo; aba-
zazanga indhlela zami kanjako. 11 Ndada
ndafunga emsindweni wami *ukuti:* Abasayi
kungena ekupumleni kwami. 12 Lumkani,
bazalwana! hleze kuke kubeko komnye we-
nu inkliziyo ekohlakeleyo wokungakolwa,
ekumkeni kuye UTIXO ohleliyo. 13 Koko
yalanani imihla ngemihla, nxa kusabi-
zwayo ngokuti ngumhla wanamhla; ukuze
kungabiko 'mntu wakuni owenziwa lu-
kuni ngenkohliso yesono. 14 Ngokuba
singabamamkeleyo u-Krestu, xeshekweni
kambe isiqalo sokwomelela *kwetu* sisiba-
mbayo siqinisekile kude kube sekupeleni:
15 ekubeni kutshiwo ukuti: Namhla nje,
nakuliva ilizwi lake, maningazenzi lukuni
inkliziyo zenu njengasengcapukisweni.

16 Pofu bebengobanina abati bakuva
bacapukisa? bebengengabo na bonke kanti
abapumayo e-Jipete ngo-Mosesi? 17 Ka-
njalo bebengobanina wabaqumbelayo imi-
nyaka yamashumi mane? bebengengabo
na abonayo, abamizimba yawayo enklango?
18 Kanjalo wafunga kobanina ukuba abayi
kungena ekupumleni kwake, kupela kubo
ababengevanga? 19 Kwa njalo siyabona
ukuba babekohliwe kukungena ngennxa
yokungakolwa.

4 Masoyike ngoko hleze kekuti, idi-
nga lokungena ekupumleni kwake
lisishiyelwa nje, kubeko umntu wakuni
onga akafikeleli *kuko.* 2 Ngokuba
nati sishunyayeziwe indaba ezilungileyo
*ngako,* kwa njengabo; koko ilizwi
lokushunyayelwa *kwako* belingabanceda-
nga bona, lingamanyiwo nenkolo nje
kwabo bal*i*vayo. 3 Ngokuba tina bakoli-
weyo singena ekupumleni oko, njengo-
kuba etshilo ukuti: Ndada ndafunga
emsindweni wami *ukuti:* Abasayi kungena
ekupumleni kwami: nakuba imisebenzi
*yake* ibigqityiwe kwa sekumisweni kwe-
lizwe. 4 Ngokuba etshilo endaweni etile
ngawo *umhla* wesixenxe ngokuti: Waza
wapumla UTIXO ngomhla wesixenxe kuyo
yonke imisebenzi yake. 5 Nakule*ndawo*
kanjako: Abasayi kungena ekupumleni
kwami. 6 Ukuba ngoko lisasala *idinga*
lokuba innxennye iya kungena kuko, no-
kuba abo bashunyayezwa indaba ezilungi-
leyo *ngako* matanci bengangenanga ngen-
nxa yokungeva:—7 Kanjako uyabalula
umhla otile *ngokuti,* Namhla nje, esitsho
kwelika-Davide emveni kwexesha elikulu
kangaka, njengokuba kutshiwo ukuti:
Namhla nje, nakuliva ilizwi lake, mani-
ngazenzi lukuni inkliziyo zenu. 8 Ngo-
kuba u-Yoshuwa ukuba wabanika uku-
pumla, ngeeba engateti ngomnye umhla
emveni kwezizinto. 9 Ngako ke kusasa-
lela abantu BAKATIXO upumlo. 10 Ngo-
kuba lowo ungenileyo ekupumleni kwake,
ute yena naye wapumla emisebenzini yake,
kwa njengokuba UTIXO *wapumla* kweyake.—
11 Masiti ngoko sinxamele ukungena ko-
kuya ukupumla; ukuze kungabiko 'mntu
owayo ngawo lowo wona umlinganiso wo-
kungeva. 12 Ngokuba ilizwi LIKATIXO
lipilile, lisebenza ngamandhla, libukali
ngakumbi pezu kwezirele zonke ezinkla-
ngoti zimbini, lihlaba kude kube ku-
kwahlulwa nokwompefumlo nokwommoya,
nokwamalungu nokwommongo, lilungelo
ukuqiqa izicingo nenkumbulo zenkliziyo.
13 Kanjalo akuko 'sidalwa esisiteleyo ebu-
sweni bake; kodwa zonke izinto zizé zityi-
lekile emehlweni alowo esiya kupendulela
kuye.

14 KEKALOKU sinaye umperisite om-
kulu ongaka ecandile amazulu nje, u-Yesu
unyana KATIXO, masiyibambe imvumelo
*yetu.* 15 Ngokuba singenaye umperisite
omkulu ongenamandhla okuvana nati
ezilwelweni zetu, kodwa obe elingiwe
ngento zonke ngokufana *nati,* engenasono
*kodwa.* 16 Masiti ngoko sisondele kuyo
iterone yofefe sinokalipo, ukuze silamkele
itaru, silufumane ufefe kuze kusizwe
ngexesha elifanelekileyo.

5 Ngokuba umperisite omkulu osukuba
ecatshulwa ebantwini emiselwa abantu
ezintweni ezilunge KUTIXO, ukuze anikele
neminikelo namadini ngennxa yezono; 2
ongenzayo ngobubele ngakubo abangaziyo
nabalahlekayo, ekubeni naye ngokwake
epahlwa bubutataka. 3 Nangennxa yabo
obu ufanelwa kukuti, njengokuba *ese-
nz*ela abantu, kwa njalo azenzele naye
ngokwake iminikelo ngennxa yezono.

4 Kanjako akuko 'mntu ozitabatelayo
lembeko, koko ngulowo ubizwayo NGUTIXO,



University of Fort Hare

njengokuba *ebebizwa* no-Arone. 5 Kwa njalo
naye u-Krestu akazizukisa ukuba enziwe
umperisite omkulu, koko nguye owateta
kuye *esiti*: Ungunyana wami wena,
ndikuzele namhla nje. 6 Njengokuba
esiti nakwelinye *icalo*: Wena ungum-
perisite kude kube ngunapakade ngesimo
sika-Makizedeki.
7 Owati emihleni yennyama yake,
ezinikele nje izikungo nembongozo kulowo
ubenamandhla ukumsindisa ekufeni, nda-
wonye nokukala okukulu nennyembezi,
eviwe nokuviwa ngoko wakwoyikayo,
8 nangoña abengunyana, wafunda ulu-
lamelo ngenklungu wazivayo; 9 waza
efezekisiwe waba yimbangi yosindiso
olungunapakade kubo bonke abamlulame-
layo; 10 ebiziwe NGUTIXO ngokuti ungum-
perisite omkulu ngesimo sika-Makizedeki.
11 Esinendawo ezininzi zokuteta
ngaye, nezinzima ukucazwa, ekubeni
nidangeleyo ngokuva. 12 Ngokuba
naxeshekweni ninge nisiti ngennxa ye-
xesha nibe ngabafundisi, nibuya nifanele
ukuba umntu anifundise iziqalelo zoku-
qala zamazwi KATIXO; ewe ningabo aba-
fanele ubisi, ninge*ngabo abafanele* ukutya
okuqinileyo. 13 Ngokuba lowo usukuba
esela ubisi engenabuciko elizwini lobulu-
ngisa; ngokuba engumntwana. 14 Kodwa
ukutya okuqinileyo kukokwabo abafeze-
kileyo, kwabo abati ngennxa yokuqela
banezimvo *zabo* ziqeliselwe ukuqiqa oku-
lungileyo nokukohlakeleyo.

6 Ngako oko sishiya nje isifundiso soku-
qalela sika-Krestu, masihambise nga-
kuyo imfezeko; singabeki kanjako umse-
kelo woguquko *lwokuguquka* emisebenzini
efileyo, nowenkolo ngakuye UTIXO; 2 o-
wofundiso lwembapitizesho, nowokubekwa
kwezandhla, nowokuvuka kwabafileyo,
nowokugwetywa okungunapakade. 3
Kanjalo oku siya kukwenza, ukuba kambe
kuyavunyelwa NGUTIXO. 4 Ngokuba
kunqabele abo babekanyisiwe kanye, beva
upiwo lwasezulwini, baba ngabamkeleyo
umoya oyingcwele, 5 beva ilizwi elilu-
ngileyo LIKATIXO, namandhla elizwe eliza
kuza, 6 baza bapambuka *noko*, ukuba
babuye bahlaziywe lude lube luguquko,
ekubeni bati bazikuruseshele ngokutsha
unyana KATIXO, bamhlazise ekuhleni.
7 Ngokuba umhlaba oyiselayo imvula
isiza futi pezu kwawo, ovelisa imifuno
elungele abo ulinywa nokulinywa ngennxa
yabo kanjalo, ulamkela itamsanqa KUTIXO:
8 kodwa lowo upumisayo imitolo nezipi-
ngo uyaliwa, ukufupi nokuqalekiswa; osi-
pelo sesokuba utshiswo.
9 Kodwa siyazitembela ngani, baza-
lwana! izinto ezilungileyo kwezi, ezila-
ndelana nosindiso, nokuba siteta njalo. 10
Ngokuba UTIXO engenguye ongenabulu-
ngisa, ukuba alibale umsebenzi wenu, nom-
zamo *wenu* wotando, enilubonakalisileyo
ngakulo igama lake, senibakonzile nje
abangcwele, nisabakonza kanjalo. 11
Kodwa siyakanuka ukuba niti nonke nga-
banye olo lona ukutalo nilubonakalisele
ukuqiniswa okuzalisekileyo kwetemba
kude kube sekupeleni; 12 ukuze ningabi
nakudangala, kodwa nibe ngabalandeli
babo abati ngako ukukolwa nokuzeka kade
balidhle ilifa lamadinga.
13 Ngokuba UTIXO akumbekela u-
Abrahame idinga, ekubeni bekungeko
namnye omkulu kuye angamfungayo,
wazifunga kwa yena, 14 esiti: Ngennya-
niso ndokutamsanqela kakulu, ndokwa-
ndisa kakulu kanjako. 15 Kwa njalo
akuba ezeke kade wazuza ukufezwa
kwedinga. 16 Ngokuba abantu okunene
befunga lowo umkulu kubo, siti isifungo
sokuqinisa *senzele* bona ukupela kwako
konke ukupika. 17 Owayete ngoko
UTIXO, efuna ukunga angababonisa aba-
zindhlalifa zokubekiweyo ngedinga ka-
kulu ngakumbi ukungaguquleki kwecebo
lake, walamla ngesifungo; 18 ukuze siti,
ngazo indawo ezimbini ezingaguqulekiyo,
ekungenzeki kuzo ukuba axoke UTIXO, sibe
nolwonwabiso olwomeleleyo tina sisabe-
leyo ukulibamba itemba elibekwa pambi
*kwetu*; 19 esinalo njengeyankore yompe-
fumlo, linqabile, liqinisekile, lingena
kokupakati kwekuselo kanjako; 20 apo
wangena kona u-Yesu engumanduleli
ngennxa yetu, enziwe umperisite omkulu
ngesimo sika-Makizedeki kude kube ngu-
napakade.

7 NGOKUBA yena lo u-Makizedeki,
ukumkani we-Saleme, umperisite KA-
TIXO opezu konke, owakaulela u-Abrahame
ebuya ekubetweni kwabo okumkani wam-
tamsanqela; 2 okuye u-Abrahame wabela
kwa isiqingata seshumi kuko konke;
enguye kuqala ngokukunyushwa ukumkani
wobulungisa, nasemva kwoko nokumkani
we-Saleme, okukuti, ukumkani woxolo;



University of Fort Hare

3 engenayise, engenanina, engenakubà-
lelwa ngokuzalwa, engenasiqalo semihla,
engenasipelo sokudhliwa kwobomi; kodwa
efanekisiwe nonyana KATIXO; uyahlala
engumperisite ngonapakade.
4 Gqalani ke ukuba umkulu kangaka-
nana lomntu, okuye u-Abrahame ubawo
omkulu wanika kwa isiqingata seshumi
kuwo amaxoba. 5 Nabo okunene bakubo
onyana baka-Levi, ababamkelayo ubuperi-
site, banomyalezo wokuba batabate izishu-
mi kubo abantu ngokwomteto, oko kukuti,
kubo abazalwana babo, nangona bapumayo
esinqeni sika-Abrahame; 6 kodwa lowo
ungabalelwayo ukuba uvela kubo, utaba-
tile izishumi ku-Abrahame, watamsanqela
lowo ubenawo amadinga: 7 nangapandhle
kwako konke ukupikwa, okuncinane kuya-
tanyusanqelwa kokukulu.
8 Kanjalo apa bayatabata izishumi
abantu ababubayo; kodwa apo *uyazitabata*
onqinelwayo ukuba uhleli. 9 Kanjako,
ukuba ndingaba nokutsho, ute no-Levi,
ozamkela izishumi, wanika izishumi ngaye
u-Abrahame: 10 ngokuba ebeseko esi-
nqeni soyise, oko u-Makizedeki wamkau-
lelayo.
11 Ukuba ke ngoko ufezeko beluko
ngobuperisite bakuba-Levi, (ngokuba aba-
ntu bebenikwe umteto pezu kwabo,)
bekusafunwa 'nto nina, ukuba kuvuke
umperisite wumbi ngesimo sika-Makize-
deki, nokuba angabizwa ngesimo sika-
Arone? 12 Ngokuba ubuperisite bugu-
qulwa nje, kufanelekile ukuba kube
kukuguqulwa kwomteto nawo. 13 Ngo-
kuba lowo ezizinto zitetwa ngaye engo-
wesimbi isizwe, ekungeko 'muntu wakuso
okonzileyo esibingelweni. 14 Ngokuba
kubonakala kwa sekuhleni ukuba INKOSI
yetu yapuma kwesika-Juda; isizwe angasi-
tetelanga luto u-Mosesi ngabo ubuperisite.
15 Kanjalo *oku* kusabonakala ekuhleni
kakulu ngakumbi; ukuba kuvukile umpe-
risite wumbi ngokufana no-Makizedeki,
16 owenziwe *njalo,* kungengokwomteto
womyalelo obunyama, koko kungokwa-
mandhla obomi obungenakupela. 17
Ngokuba enqina *esiti*: Wena ungumpe-
risite kude kube ngunapakade ngesimo
sika-Makizedeki. 18 Ngokuba kuko oku-
nene ukubujiswa kwomyalelo owandule-
layo, ngenxa yobutataka bawo nokunga-
ncedi *kwawo*; 19 ngokuba umteto ungafeze-
kisanga luto; kodwa kuko ukungeniswa
kwetemba elilungileyo ngakumbi, esiti
ngalo sisondele KUTIXO.
20 Kanjako njengoko bekungenga-
pandhle kwesifungo *abesenziwa umperisite*:
(21 ngokuba bona benziwe abaperisite
ngapandhle kwesifungo; kodwa yena
*wenziwe* ngesifungo, ngaye lowo ubesiti
kuye: UYEHOVA ufungile, akayi kugu-
quka: Wena ungumperisite kude kube
ngunapakade ngesimo sika-Makizedeki:)
22 kwa ngokunjalo u-Yesu wenziwe um-
bambisi wocebano olulungileyo ngakumbi.
23 Kanjako bona, ngabaninzi abenziwe
abaperisite, ngenxa yokuba bexakwa
ngokufa ukuhlala kade: 24 kodwa yena,
ngenxa yokuba ehlala kude kube nguna-
pakade, unobuperisite obungenakugqitela
kwabanye. 25 Kukona angati kanjalo
agqibele ukusindisa abo bezayo ngaye
KUTIXO, ukuba ehleli amaxesha onke uku-
batetelela.
26 Ngokuba umperisite onjalo ebesi-
fanekele, ongcwele, ongenatyala, ongance-
lisekileyo, owahlukile kwaboni, opaka-
nyiselwe pezulu pezu kwamazulu; 27
ongafaneleyo ukuti ixesha ngexesha, nje-
ngabaperisite abakulu abo, anikele ama-
dini kube tanci ngenxa yezake izono,
kube kamva *ngenxa yez*abantu; ngokuba
oku wakwenza kwa kanye, akuzinikela
yena. 28 Ngokuba umteto ubamisa aba-
ntu benobutataka ukuba ngabaperisite
abakulu; kodwa ilizwi lesifungo, esibe
sisemveni kwomteto, *liyamisa* UNYANA, efe-
zekisiwe kude kube ngunapakade.

8 KEKALOKU eyona 'nto inkulu kwe-
zozinto zitetwayo, *yeyokuba* sinonjalo
engumperisite omkulu, ohleli pantsi nga-
sekunene kweterone yobukulukazi emazu-
lwini; 2 umkonzi weyingcwele *indawo,*
nowetabanakele eyinnyaniso, leyo iyimisi-
leyo INKOSI, engenguye muntu.
3 Ngokuba osukuba engumperisite om-
kulu emiselwa ukuba anikele iminikelo
namadini: kukona kufanelekile ukuba
naye lo abe nento angayinikelayo. 4 Ngo-
kuba yena ukuba ebeko emhlabeni, nge-
engabi engumperisite nakanye, sebeko
nje abaperisite abanikelayo iminikelo ngo-
kwomteto; 5 abati bona basikonze isifane-
kiso nesitunzi sezinto zasezulwini, kwa
njengokuba u-Mosesi ebeyalwa NGUTIXO,
akuba eboza kuyenza itabanakele; ngo-
kuba esiti: Lumka ukuba uzenze zonke



University of Fort Hare

izinto ngomfanekiselo ububoniswa wona
entabeni: 6 kodwa kaloku uzuzile isiko-
nzo esidhluliseleyo ngakumbi, kwa ngen-
dawo lugqitisele ngakumbi ngayo ucе-
bano angumlamli walo, oluqinisiwe lona
pezu kwamadinga alungileyo kwa*wolunye*.
7 Ngokuba olo lwokuqala ukuba belu-
ngenanto yokweyiwa, ngekungafunelwa-
nga olwesibini indawo. 8 Ngokuba *elweya*
nje *lona* esiti kubo: Bona ke, imihla iyeza,
utsho UYEHOVA, nxa ndiya kwenzela indhlu
ka-Sirayeli nendhlu ka-Juda ucebano olu-
tsha: 9 lungenjengalo ucebano endalwe-
nzayo noyise babo, emhleni ndabendiba-
mba isandhla sabo, ukuba ndibapumise
elizweni le-Jipete; ngokuba bona bebe-
ngahlalanga elucebanweni lwami, nami
andabakatalela, utsho UYEHOVA. 10 Ngo-
kuba lulo olu ucebano endiya kulwenza
nendhlu ka-Sirayeli emveni kwalomihla,
utsho UYEHOVA: Ndiya kubeka imiteto
yami engqondweni yabo, napezu kwenkli-
ziyo yabo ndoyibàla; ndandiya kuba NGU-
TIXO wabo, bati bona babe ngabantu bami.
11 Baye bengasayi kufundisa omnye
ummelwane wake, nomnye umzalwana
wake, esiti: Yazi UYEHOVA; ngokuba bonke
beya kundazi, kwa kuye omncinane wabo
kude kube kuye omkulu wabo. 12 Ngo-
kuba ndiya kuba netaru kuko ukungalungi
kwabo, nezono zabo nezigqito zabo andi-
sayi kubuya ndizikumbule.
13 Ekubeni ati: *Ucebano* olutsha; ulwe-
nzile ludala olwokuqala. Kodwa oko
kwenziwayo okudala nokwalupeleyo, ku-
kufupi nokutiwa shwaqe.

9 Kekaloku nalo olwokuqala ke lwalune-
zimiselo zesikonzo, nendawo eyingcwele
yasemhlabeni. 2 Ngokuba itabanakele
ibilungisiwe, eyokuqala, ekuyo bekuko
ikandelare, netafile, nezonka zokubona-
kala; e-kutiwa yeyingcwele. 3 Nasemva
kwekuselo lesibini bekuko itabanakele
e-kutiwa yeyingcwele yezingcwele, 4 ine-
siqumelo segolide, netyeya yocebano ifa-
kiwe igolide ngamacala onke, ekuyo be-
kuko isitya segolide sinayo imana, nento-
nga ka-Arone eyahlumayo, namacwecwe
ocebano; 5 napezulu pezu kwayo bekuko
ikerubime zobungcwalisa zisibekelela isi-
hlalo sofefe: izinto ekungetetwe ngazo ka-
loku indawo ngendawo.
6 Kekaloku ezizinto zilungisiwe njalo
nje, bahlala besiya kweyokuqala itabana-
kele abaperisite besenza izikonzo *zabo*;
7 kodwa kweyesibini *uya* kanye emnya-
keni 'mnye umperisite omkulu yedwa,
engenalo igazi, alinikelayo ngennxa yake,
na*ngennxa* yeziposo zabantu: 8 umoya
oyingcwele ekubonakalisa nje oku, ukuba
indhlela yeyingcwele yezingcwele ingeka-
tyilwa, xeshekweni itabanakele yokuqala
isenokuma: 9 engumfanekiselo ngennxa
yexesha elikoyo, elo kunikelwa iminikelo
namadini ngalo, *izinto* ezingemfezekiseyo
ngokwesazeliso lowo ukonzayo: 10 *ezimiyo*
kupela pezu kwezinto zokudhla, nezoku-
sela, nenklambo ngenklambo, nokugwetye-
lwa kwenyama, zibekelwa kude kube
lixesha lokulungisa.
11 Kodwa u-Krestu efikile nje engum-
perisite omkulu wezinto ezilungileyo
eziza kuza, ute ngayo itabanakele enkulu
efezekileyo ngakumbi, ingenziwanga nge-
zandhla, oko kukuti, ingeyeyako okukuda-
lwa, 12 kungengalo igazi lebokwe nela-
matole, kodwa kungalo elake igazi, wa-
ngena kwa kanye kweyingcwele *indawo*,
ezuzile inkululo engunapakade. 13 Ngo-
kuba igazi lenkabi nebokwe, notutu lwo-
tokazi lufefa abancolileyo, ukuba *oku* kuya-
hlanza kube kukuhlanjululwa kwenya-
ma; 14 kwoba kangakananina ngakumbi
liya kuti igazi lika-Krestu, owati NGOMOYA
ongunapakade wazinikela emsulwa KUTIXO,
lihlambululo isazeliso senu emisebenzini
efileyo, nize nimkonze UTIXO ohleliyo?
15 Kanjalo ngennxa yoku ungumlamli
wocebano olutsha, ukuba ke, ukufa kwe-
nzelwe nje ukululwa lwezigqito ezibe
zipantsi kwocebano lwokuqala, abo babizi-
weyo bamkele ukudhliwa kwedinga lelifa
elingunapakade. 16 Ngokuba apo sikona
isiyolelo, kufanelekile ukuba kuhle ukufa
kwomyoleli: 17 ngokuba isiyolelo siqini-
sekile bakuba *abantu* befile; ekubeni si-
ngaki sibe namandhla okuya asahleli
umyoleli. 18 Kukona nalo *ucebano* lwo-
kuqala lungatwasiswanga lungenagazi:
19 ngokuba xeshekweni bekutetiwe yonke
imiyalelo ngokwomteto ngu-Mosesi kubo
bonke abantu, wati etabatile igazi lama-
tole nebokwe, ndawonye namanzi, noboya
begusha obubomvu, nehisope, wafefa kwa
yona incwadi nabo bonke abantu, 20 esiti:
Lilo eli igazi locebano eniluyalezelweyo
NGUTIXO. 21 Nayo itabanakele, nazo zo-
nke impahla zesikonzo, wazifefa ngegazi
kwa ngokunjalo. 22 Kanjako kuza kuba
zizinto zonke ezihlanjulwayo ngegazi ngo-



University of Fort Hare

yinto encolileyo, elo wenziwa ngewele
ngalo, nomoya oyingewele wamdela?
30 Ngokuba simazi owatshoyo ukuti:
Kukokwami ukupindezela, kwobuyekezwa
ndimi; utsho UYEHOVA. Nakanjako: UYE-
HOVA uya kulungisa abantu bake. 31 Ku-
yinto eyoyikekileyo ukweyela ezandhleni
ZOTIXO ohleliyo.
32 Kodwa zikumbuzeni imihla yangapa-
mbili, enanite kuyo, nakukanyiswa, nanya-
mezela ukulwa okukulu nenklungu: 33
ngennxennye, ukuba nibe nisenziwa isi-
bonelwa ngezituko nangembandezelo; na-
ngennxennye, ukuba naba ngamakolwane
abo babesekuhlaleni okunjalo. 34 Ngo-
kuba nibe nivana nami ekubanjweni kwa-
mi, navumela ngovuyo ukupangwa kwem-
pahla zenu, nisazi ukuba ninayo kuni
ngokwenu imfuyo elungileyo ngakumbi
ezulwini nehlala ehleli. 35 Ize ningaposi
nxamnye ngoko ukalipo lwenu, olunawo
umvuzo omkulu.
36 Ngokuba nifanele ukuba nomonde,
ukuze niti, nakuba niyenzile intando KA-
TIXO, nikwamkele okubekiweyo ngedinga.
37 Ngokuba kuselixeshana elincinanana,
waeya kwand' ukuti lowo uzayo ezo,
angalibali ke. 38 Kodwa olungileyo uya
kupila ngokolo: kanti xeshekweni ahlehla-
yo, umpefumlo wami awukoliswa nguye.
39 Tina kodwa asingababo bahlehlela en-
tshabalalweni, koko singababo bakolwayo
kube kukusindiswa kwompefumlo.

11 KEKALOKU ukolo lusisiqiniso sezin-
to ezitenjwayo, lusisiboniso sendawo
ezingabonwayo. 2 Ngokuba kulo olu
abadala bebenqìnelwe kakuhle.
3 Ngalo ukolo siyaqonda ukuba ku-
daliwe amazwe akoyo ngelizwi LIKATIXO,
zide zati izinto ezibonwayo azavela kwi-
zinto ezibonakalayo.
4 Ngalo ukolo u-Abele walinikela
KUTIXO idini elikulu ngakumbi ngapezu
kwo-Kayine, ekungalo wanqìnelwa ukuba
ulungile, UTIXO eyinqìnela nje iminikelo
yake: kanjako kwa ngalo, nakuba efile,
usateta.
5 Ngalo ukolo u-Enoki wasuswa ukuba
angakuboni ukufa; waza akwafunyanwa,
ngennxa yokuba UTIXO ebemsusile; ngo-
kuba engekasuswa ebenqìnelwa ukuba
ukolisile UTIXO. 6 Kodwa ngapandhle
kwokolo akwenzeki uku*m*kolisa: ngokuba
lowo usondelayo KUTIXO efanele ukukolwa
kukuba uko, nokuba uba ngumvuzi wabo
bamfunayo.
7 Ngalo ukolo u-Nowa, akuyalwa
NGUTIXO ngezinto ezingekabonwayo, wati
ngokwoyika walungisela ukusindiswa
kwendhlu yake innqanawa; abete ngayo
wagweba ilizwe, waza waba yindhlalifa
yobulungisa obungokwokolo.
8 Ngalo ukolo wapulapula u-Abrahame,
akubizwa ukuba apume aye kulondawo
ubeya kuda ayamkele ibe lilifa; wapuma
ke, engazi kakulu apo aya kona. 9 Ngalo
ukolo wapambukela ezweni ledinga, nje-
ngakwelabasemzini, emi ezintenteni nda-
wonye no-Yisake no-Yakobi, abebezin-
dhlalifa kunye naye zedinga elikwa lilo
lona: 10 ngokuba ebekangela esosixeko
sinemisekelo, esimaki nomenzi NGUTIXO.
11 Ngalo ukolo kwa naye u-Sara wa-
mkela amandhla okukaula, waza wazala
seligqitile nje ixesha elifanelekileyo lobu-
dala, ekubeni waba unyanisekile lowo
owabeka idinga. 12 Ngako oko kwa-
vela kwa kuyo *indoda* 'nnye, ebifile ke
nakanjako, abanjengenkwenkwezi zezulu
ukuba baninzi, nanjengenklabati eselu-
nxwemeni lwolwandhle engenakubalwa.
13 Aba bonke bafa beselukolweni,
bengakwamkelanga nje ukufezwa kwa-
madinga, koko bawabonayo ekude, ba-
kolwa *ngawo*, bawabulisa, baxela ukuba
bangabasemzini nabaranukeli emhlabeni.
14 Ngokuba abo bateta into ezinjalo,
bebonakalisa ekuhleni ukuba bayalifuna
ilizwe lakowabo. 15 Kanti ukuba ke
bebekumbula elo bapuma kulo, ngebeba
bezuzile ituba lokubuya. 16 Kaloku
kodwa bayalinqwenela elilungileyo nga-
kumbi, oko kukuti, elasezulwini. Ngako
oko UTIXO akanankloni ngabo ukuba abizwe
NGOTIXO wabo: ngokuba ebalungisele
isixeko.
17 Ngalo ukolo ute u-Abrahame eku-
lingweni kwake wamnikela u-Yisake, waza
lowo ubezamkelele amadinga wamnikela
okupela kwonyana *wake*. 18 obekutshiwo
ngaye ukuti: Ku-Yisake iya kubizwa
inzalo yako; 19 etelekelelisa ukuba UTIXO
unamandhla oku*m*vusa nakwabafileyo,
owayete kanjalo ngomfanekiselo wabuya
wamamkela kwa kona.
20 Ngalo ukolo u-Yisake watamsanqela
u-Yakobi no-Esau ngezinto eziza kuza.
21 Ngalo ukolo u-Yakobi ekufeni kwake
watamsanqela onyana baka-Josefe boba-



University of Fort Hare

bini; waza wazitoba pezu kwenncame
yomsimelelo wake.
22 Ngalo ukolo u-Josefe akuza kufa
wakankanya ukupuma kwosapo luka-
Sirayeli, wayalela ngamatambo ake.
23 Ngalo ukolo u-Mosesi, akuba ebe-
zelwe, wafihlwa ngoyise innyanga zantatu,
ngennxa yokuba babona umntwana ukuba
umhle; aboyika ummiso wokumkani
kanjalo.
24 Ngalo ukolo u-Mosesi, akuba ebe-
kulile, wala ukubizwa ngonyana wentombi
ka-Faro; 25 eqasha ngakumbi ukupatwa
kakubi kunye nabantu BAKATIXO, ngapezu
kwokuba nobuyolo besono obuhlala 'mzuzu
kodwa; 26 ebala isitukelwa sika-Krestu
ukuba sibubutyebi obukulu kwindyebo
zase-Jipete: ngokuba ebekangela ngakuwo
umvuzo. 27 Ngalo ukolo wayishiya i-
Jipete, engoyikanga nje umsindo woku-
mkani; ngokuba wazingisayo, njengokuba
ebona lowo ungabonekiyo. 28 Ngalo
ukolo wayenza ipasika nokutshizwa kwe-
gazi, ukuze lowo ubetshabalalisa amazi-
bulo angabacukumisi.
29 Ngalo ukolo bacanda ulwandhle
olubomvu njengokuba kudhlulwa emhla-
beni owomileyo: ati ama-Jipete akulinga
ukwenje njalo antywiliswa.
30 Ngalo ukolo indonga ze-Jeriko zawa,
zakuba zibe zingqongiwe immini zasi-
xenxe.
31 Ngalo ukolo u-Rakabi umpinyiswa
akabuba kunye nabo babengakolwanga,
akuba ebezamkele inklola ngoxolo.
32 Ndize ndalekele ukuti nina ke?
Ngokuba ixesha liya kundiswelela ukuba
ndiyabalisa ngaye u-Gideyone, no-
Baraki, no-Samsone, no-Jefeta, no-Davide,
no-Samyali, nabaprofite: 33 abati ngalo
ukolo boyisa izikumkani, benza ubulu-
ngisa, bazuza ukufezwa kwamadinga,
bavingca imilomo yengonyama, 34 bacima
amandhla omlilo, basinda uhlangoti
lwerele, bomelezeka bepuma ebutatakeni,
baba 'buroti ekulweni, bacita imikosi
yabasemzini. 35 Abafazi *babuya* bamkela
abafi babo ngokuvuka *kwabo*. Bati ke
abanye bolulelwa ukubulawa, bekwalile
nje ukukululwa, ukuze bazuze ukuvuka
okulungileyo ngakumbi: 36 bati nabanye
beva ukuhlekwa nokubetwa, napezu
kwoko ukunxitywa nokufakwa entolo-
ngweni; 37 bagityiselwa ngamatye, ba-
sikwa kubini ngesara, bazingwa, bafa
ngokubulawa lirele; bahambahamba be-
nezintsu zegusha, benezintsu zebokwe,
besekusweleni, bebandezelwa, bepatwa
kakubi; 38 (elalibe ilizwe lingabafanele;)
bedungudela ezinklango, nasezintabeni,
nasemiqolombeni, naseminxunyeni yom-
hlaba.
39 Kekaloku aba bonke, benqinelwe
kakuhle nje ngalo ukolo, abakwamkela
obekubekiwe ngedinga; 40 UTIXO esazale-
lele tina into elungileyo ngakumbi nje,
ukuze bona bangafezekiswa ngapandhle
kwetu.

12 NGAKO oko ke nati, sinesihlwele
esikulu kangaka samanqina sisipahla
nje, masibeke nxamnye imitwalo yonke,
naso isono esiraulayo kakuhle, siti
ngomonde sibaleke ugqatso esilubekelwayo,
2 sikangela ngakuye oyimbangi nomfeze-
kisi wokolo *lwetu*, u-Yesu, owati ngennxa
yovuyo olube lubekwa pambi kwake
wayinyamezela ikuruse, elidelile ihlazo
nje, waza wahlala pantsi ngasekunene
kweterone KATIXO. 3 Ngokuba telekele-
lani lowo okunyamezeleyo ukupika oku-
njalo ngaboni ngakuye yena, ukuze ninga-
dinwa ngokuncama emipefumlweni yenu.
4 Anikamelanga kwada kwaligazi ni-
silwa nesono; 5 kanjako nisilibele isiyalo
esitetayo kuni njengakubo onyana: Nyana
wami! ungadeli ukwohlwaya KUKAYEHOVA;
zungancami ke wakutetiswa nguye: 6
ngokuba esiti UYEHOVA lowo amtandayo
amohlwaye, nabo bonke onyana abamke-
layo ababete. 7 Ukuba ukwohlwaywa
niyakunyamezela, uti UTIXO anipate nje-
ngonyana; ngokuba nguwupina ongu-
nyana ati uyise angamohlwayi? 8 Kodwa
ukuba nihlala ningenakwohlwaywa, abati
bonke bakwamkele, kukona ningabantwana
besisu, ningengabo onyana.
9 Kanjalo ke sibe sinabo oyise bennya-
ma yetu abasohlwayayo, saza sabahlonela:
sesingayi kuti kakulu ngakumbi ke na
silulamele kuyo uyise womoya, size
sibudhle ubomi? 10 Ngokuba bona
okunene bebesiti imihla yamincinane
basohlwaya njengokuba bekunga ku-
lungile kubo; kodwa yena *uyasohlwayela*
ukuncedwa kwetu, ukuba samkele kubo
ubungcwele bake. 11 Kekaloku akuko
'kwohlwaywa ixesha kukoyo ngalo okunga
kuyinto yovuyo, koko *kunga* kuyinto
yosizi: noko kamva kuyanika isiqamo



University of Fort Hare

esiluxolo sobulungisa kwabo baqeliswayo
ngako.
12 Ngako oko pakamisani izandhla ezi-
polelweyo, namadolo acubukileyo; 13 nize
nenzele innyawo zenu indhlela ezilungele-
leneyo, ukuze okuqwalelayo kungatye-
kiswa, kodwa ngokukumbi kupiliswe.
14 Putumani uxolo ngakubo *abantu*
bonke, nabo ubungcwele, ekungeko nam-
nye oya kuyibona INKOSI engenabo: 15
nilumka nje kungabiko 'mntu oposana
nofefe LUKATIXO; kungabiko nannye
ingcambo yoburara ihluma nje e*ni*kata-
zayo, kuze kuti ngayo bancoliswe aba-
ninzi; 16 kungabiko 'mntu ongumpimisi,
umhlaumbi umginwa, njengo-Esau, owati
ngennxa yesidhlo sinye watengisa ngobu-
zibulo bake: 17 ngokuba nisazi ukuba
nasemveni kwoko, akufuna ukulizuza
itamsanqa, waliwa; ngokuba engafuma-
nanga 'ndawo yokuguquka, nakuba wali-
funayo enennyembezi.
18 Ngokuba ningasondelanga entabeni
epatekayo, etshayo ngomlilo, nasesitoko-
tokweni, nasebumnyameni, naseluquteni,
19 nasesandini sexilongo, nasenklokomeni
yamazwi, abati abo babeweva bazilandu-
lela ukuba kwalekelwe ukutetwa kubo:
20 ngokuba bebengenyamezeleyo oko
bekuyalelwayo: Nokuba sisilo kodwa
esicukumisayo intaba, siya kugityiselwa
ngamatye, umhlaumbi siya kuhlatywa
ngomkonto: 21 kanjako umbonakalo lowo
ube woyikekile kangaka, u-Mosesi wati:
Ndinokwoyika okukulu nokungcangcazela.
22 Koko nisondeleyo entabeni ye-Ziyone,
nasesixekweni SOTIXO ohleliyo, e-Yerusa-
leme yasezulwini, nakumawakawaka enge-
losi, 23 kwinklanganiso enkulu, nakwire-
mento yamazibulo abàlelweyo ezulwini,
nakuye UTIXO umgwebi wabo bonke,
nakomoya wabalungileyo abafezekisiweyo,
24 nakuye u-Yesu umlamli wocebano
olutsha, nasegazini lokufefwa eliteta izinto
ezilungileyo ngakumbi pezu kwelika-
Abele.
25 Lumkani ukuba ningali lowo ute-
tayo. Ngokuba abo bamalayo obeteta
amazwi KATIXO emhlabeni ukuba abasinda
ke, soti kakulu ngakumbi tina *singasindi*,
sakupambuka kobevela ezulwini: 26 olizwi
lake oko lashukumisa umhlaba, kodwa
kaloku ubekile idinga lokuti: Kusekanye
ndizamazamisayo kungenguwo umhlaba
wodwa, kulilo izulu nalo. 27 Kekaloku
lento yokuti, Kusekanye, iyaxela uku-
guqulwa kwezozinto zinokushukunyiswa,
njengokwezinto ezenziweyo, ukuze zihlale
zihleli ezozinto ezingenakushukunyiswa.
28 Ngako oko ubukumkani obungenaku-
shukuma sibamkela nje, masibambe ufefe,
esingati ngalo simkonze UTIXO ngendawo
ekolekileyo, sinohlonelo nolwoyiko olube-
deshekileyo: 29 ngokuba kwa UTIXO wetu
engumlilo odhlayo.

13 UKUTANDA abazalwana makuhlale
kubako. 2 Imbuko yabasemzini ni-
ngayilibali: ngokuba bete ngayo inuxen-
nye bazamkela ingelosi bengazazi. 3
Bakumbuleni ababanjwa, njengababanjwa
kunye nabo; *n*abapatwa kakubi, njengo-
kuba nani niseko emzimbeni. 4 Ukutshata
*makube* kubekekile pakati kwabo bonke,
nesilili *masibe* singancoliswa: abapimisi
kodwa nabarexezi UTIXO wobagweba. 5
Ukumila *kwenu makube* kokungenakutanda
imali; *nize* nitomalale ezizinto ezikoyo:
ngokuba ete yena: Andisayi kukuyeka,
andisayi kukushiya kanjalo. 6 Side somo-
lele tina ukuti: UYEHOVA ungumsizi wami,
andiyi kwoyika into endiya kwenzelwa
yona ngumntu.
7 Kumbulani abakokeli benu, abo bali-
teta kuni ilizwi LIKATIXO; niti, nigqala
nje isipelo sokuhlala *kwabo*, nilandele
ukolo lwabo. 8 U-Yesu Krestu izolo
nanamhla ukwa nguye, nakude kube ngu-
napakade. 9 Ningaqùtywaqùtywa ngem-
fundiso ezininzi nezasemzini: ngokuba
kulungile ukuba inkliziyo iqiniswe ngo-
kolo, kungabi ngezinto zokudhla, aba-
ngancedwanga luto abo bahamba kuzo.
10 Sinaso isibingelo, abangenagunya
lokuba batye kokwaso abo bayikonzayo
itabanakele.
11 Ngokuba ezozilo igazi lazo lingo-
niswa ngennxa yesono kweyingcwele
*indawo* ngomperisite omkulu, imizimba
yazo ezi iyatshiswa ngapandhle kwom-
nquba. 12 Ngako oko naye u-Yesu, ukuze
abantu abenze ngcwele ngelako igazi,
weva ukufa ngapandhle kwesango. 13
Masiti ngoko ke sipumele kuye nga-
pandhle kwomnquba, sitwala nje isitu-
kelwa sake. 14 Ngokuba singenasixeko
apa esinokuhlala, koko sifuna eso siza
kuza. 15 Masiti ngoko ngayo yena sini-
kele idini lendumiso ngamaxesha onke
KUTIXO, oko kukuti, isixakato somlomo



University of Fort Hare

ubulela egameni lake. 16 Kodwa ukwenza
okulungileyo nokwabela abanye ninga-
kulibali: ngokuba UTIXO ekoliswa ngama-
dini anjalo kakulu.
17 Baveni abakokeli benu, *niba*lula-
mele: ngokuba bona bepapama pezu
kwemipefumlo yenu, njengabo abaya
kuzipendulela; ukuze bakwenze oku
benovuyo, bengenakugula kanti; ngokuba
kungalungele nina oku.
18 Sitandazeleni: ngokuba sinokutemba
ukuba sinaso isazeliso esilungileyo, sifuna
nje ukuhlala kakuhle ezintweni zonke.
19 Kanjalo ndiya*ni*kunga kakulu nga-
kumbi ukuba nikwenje njalo, ukuze
ndibuyiselwe kuni kamsinyane.
20 Kekaloku UTIXO woxolo, owamnyu-
sayo kwabafileyo umalusi wezimvu, lowo
umkulu, enegazi locebano olungunapa-
kade, INKOSI yetu u-Yesu, 21 wanga
anganizalisekisa kuyo yonke imisebenzi
elungileyo, nize niyenze intando yake,
ekwenza kuni oko kukolekileyo ebusweni
bake, ngaye u-Yesu Krestu; okuye *maku-
beko* ubungcwalisa kude kube ngunapa-
kade kanapakade. Amene.
22 Kanjalo ndiyanikunga, bazalwana!
linyamezeleni elilizwi lokuyala; ngokuba
ndibàlile kuni ngokufutshane. 23 Yazini
ukuba umzalwana *wetu* u-Timote uku-
lulwe: endiya kuti, ukuba uyafika ka-
msinyane, ndize naye ukunibona. 24
Bulisani bonke abakokeli benu, nabo
bonke abangcwele. Bayabulisa nina abo
base-Yitaliya.
25 Ufefe malube nani nonke. Amene.

---

# INNCWADI YOMPOSTILE

# UYAKOBI.

## ISAHLUKO I.

UYAKOBI, isicaka SIKATIXO neSENKOSI
u-Yesu Krestu, kuzo izizwe ezi-
lishumi linazibini ezicitakeleyo, ebulisa.
2 Yitini luvuyo lwonke, bazalwana
bami! xeshekweni niwelayo emalingweni
amaninzi; 3 nisazi nje ukuba ukulingwa
kwokolo lwenu kuyazuzisa umonde. 4
Kodwa wona umonde maube nomsebenzi
ofezekileyo, ukuze nibe nifezekile niza-
lisekile, ningasweleki nganto.
5 Kodwa ukuba kuko owenu uswele
ubulumko, makacele KUTIXO oti bonke
abape ngesisa, angatetisi ke; waeya kubu-
piwa. 6 Makacele kodwa ngokolo, enga-
tandabuzi 'nto: ngokuba otandabuzayo
efana neliza lolwandhle liqùtywa ngum-
moya lizanyazanyiswa. 7 Makangabi pofu
lowamntu uya kwamkela into kuyo IN-
KOSI: 8 umntu onkliziyo 'mbini uyajinga-
jinga kuzo zonke indhlela zake.
9 Makaqayise ke umzalwana osebu-
pantsini, ebupakamyweni bake; 10 kodwa
osisityebi, ebupantsini bake; kuba nje-
ngembali yennca eya kudhlula. 11 Ngo-
kuba liti lakupuma ilanga kunye noku-
fudumala okutshisayo, landule libunise
innca, nembali yayo ivutuluke, nobuhle
bokubonakala kwayo butshabalale: ngo-
kunjalo naye osisityebi uya kushwabana
ezihambeni zake.
12 Unetamsanqa umntu onyamezelayo
ukulingwa: kuba eya kuti akuba ebukiwe
asamkele isitsaba sobomi, eso INKOSI iba-
tembisile abayitandayo ngaso.
13 Makangatsho umntu akuzingwa
ukuti: Ndizingwa NGUTIXO: ngokuba
UTIXO engazingeki kokukohlakeleyo; ka-
njalo yena ngokwake akazingi 'mntu. 14
Kodwa umntu uyazingwa, akuti akuku-
liswe yeyake inkanuko, ahendwe. 15
Yandule yona inkanuko nxa ikaulileyo
izale isono; siti ke isono sakugqitywa
sizale ukufa.
16 Ize ningaposisi, bazalwana bami aba-
tandiweyo! 17 Zonke izipo ezilungileyo
nazo zonke izipiwo ezifezekileyo zivela
pezulu, zisihla KUYISE wezikanyiso, okuye
kungeko 'kuguquleka nesitunzi sokujika.
18 Ngokutanda kwake wasizala ngelizwi
lennyaniso, ukuba sibe sisandulelo esitile
sezidalwa zake.



University of Fort Hare

19 Ngoko ke, bazalwana bami abatandi-
weyo! mabati bonke abantu ngabanye
banxamele ukuva, balibalele ukuteta, bali-
balele ukuqumba. 20 Ngokuba ukuqu-
mba kwomntu kungazuzisi ubulungisa
BUKATIXO. 21 Ngako oko, senibeka unxa-
mnye nje konke ukuncola nokupupuma
kwobumenemene, maniti ngolulamo ni-
lamkele ilizwi elityaliweyo *kuni*, elina-
mandhla okuyisindisa imipefumlo yenu.

22 Kodwa yibani ngabenzi belizwi,
ningabi ngabapulapuli kodwa, nizibukuqa
nje. 23 Ngokuba lowo usukuba engum-
pulapuli welizwi, engengumenzi kanti,
yena lo ufana nomntu ebonela ubuso bake
bokuvela ennewadini: 24 ngokuba ezi-
bonele, wemka ke, waza walibala 'msinya
ukuba ebenjanina. 25 Kodwa lowo uti
akangele emtetweni ofezekileyo wenkulu-
leko, ahlale *esenje njalo*, yena lo engenguye
umpulapuli onokulibala nje, enguye umenzi
womsebenzi, yena lo woba unetamsanqa
ekwenzeni kwake.

26 Ukuba kuko oba uyabedesha UTIXO
pakati kwenu, ongakalimeli ulwimi lwake,
koko ekohlisa inkliziyo yake, imbedesho
yalo*mntu* yinto engendawo. 27 Imbe-
desho ecocekileyo engancolisekileyo pambi
kwake UTIXO noyise yiyo le: yokuba *umntu*
alunguze inkedama nabahlolokazi ebunzi-
meni babo, *no*kuba azigcine engenabala
kokwelizwe.

2 BAZALWANA bami! ningabambi u-
kolo lwayo INKOSI yetu u-Yesu Krestu,
*in-Kosi* yobungcwalisa, ngokuketa abantu.
2 Ngokuba xeshekweni kungena enkla-
nganisweni yenu umntu onemisesane
yegolide enezivato ezihle, kuze kungene
nolihlwempu enezivato ezonakeleyo, 3
nandule nikangele ngakulowo uzambeteyo
izivato ezihle, niti kuye: Hlala wena apa
kakuhle; nize niti kolihlwempu: Yima
wena paya, umhlaumbi hlala apa nga-
pantsi kwesitulo sami sennyawo: 4 ani-
kwenzanga ke na ukwahluka pakati
kwenu, naba ngabagwebi abazicamango
zikohlakeleyo?

5 Yivani, bazalwana bami abatandi-
weyo! UTIXO akanyulanga yinina aba-
ngamahlwempu elilizwe *babe* betyebile
elukolweni, nendhlalifa zobukumkani
abatembisile bona abamtandayo? 6 Nina
kodwa nimdelile olihlwempu. Asi zizo
izityebi na ezinibandezelayo, eziti kanjalo
zinirolele ematyaleni? 7 Aziligxeki na
zona elogama lilungileyo enibizwe ngalo?
8 Ukuba ke niyawufeza umteto odumileyo
kakulu, ngokwesibàlo *esiti:* Uya kutanda
ummelwane wako njengokuzi*tanda* kwako;
niyalungisa: 9 kodwa ukuba niyaketa
abantu, niyenza isono, niboniswa ngumteto
nje ukuba ningabagqiti. 10 Ngokuba
umntu oya kuti, noko aya kugcina umteto
wonke, aposise ng*endawo* innye, uyamelwa
lityala ngazo zonke. 11 Ngokuba yena
watshoyo ukuti: Ungarexezi, watsho no-
kuti: Ungabulali. Kekaloku ukuba uya
kuti, nangona ungayi kurexeza, ubulale,
usel' ungumgqiti womteto. 12 Nenje
njalo ukuteta, nenje njalo ukwenza, nje-
ngabo abaya kugwetywa ngawo umteto
wenkululeko. 13 Ngokuba eya kuba
nokugwetywa okungenabubele lowo u-
ngenzanga ngobubele: kanti ububele
buyavuyelela ukugweba.

14 Kunceda 'nto nina, bazalwana bami!
xeshekweni atshoyo umntu ukuti unalo
ukolo, kodwa akanayo imisebenzi? ukolo
olo lungamsindisa na? 15 Xeshekweni
ke umzalwana umhlaumbi udade bazé,
baswele nokudhla kwemihla ngemihla,
16 aze atsho omnye wakuni kubo ukuti:
Hambani ngoxolo, nifudumale, nihlute;
niti noko ningabapi ezonto ezifanele
umzimba; kunceda 'nto nina ke oko?
17 Kwa njalo nokolo, xeshekweni lunge-
nayo imisebenzi, lufile, lulodwa nje. 18
Koko kuya kuti umntu: Wena unokolo,
nami ndinemisebenzi: ndibonise ukolo
lwako lungenamisebenzi yako, nami ndiya
kubonisa wena ngemisebenzi yami ukolo
lwami. 19 Uyakolwa ukuba UTIXO umnye;
uyalungisa; ziti zona idemoni zikolwe
nazo, zingcangcazele noko. 20 Kodwa
ufuna ukuqonda na, mntundini unyabi-
leyo! ukuba ukolo lungenamisebenzi
lufile? 21 U-Abrahame ubawo wetu
wabengagwetyelwa ngemisebenzi yinina,
akumnikela u-Yisake unyana wake pezu
kwaso isibingelo? 22 Uyabona ukuba
ukolo lube lusebenza kunye nemisebenzi
yake, *nokuba* ngayo imisebenzi ukolo *lwake*
lwafezekiswa. 23 Saza sazalisekiswa isi-
bàlo esiti: u-Abrahame wakolwa NGUTIXO,
kwaza kwambalelwa kube kukulunga;
waza wabizwa ngomhlobo KATIXO. 24
Niyabona ngako ukuba umntu uyagwe-
tyelwa ngemisebenzi, kungengokolo lodwa.
25 Ngokunjalo ke naye u-Rakabi umpi-



University of Fort Hare

nyiswa wabengagwetyelwa ngemisebenzi
yinina, akuzamkela izitunywa, waza wazi-
ndulula ngennye indhlela? 26 Ngokuba
njengokuba umzimba ungenammoya ufile,
kwa njalo ukolo lungenamisebenzi lufile
nalo.

3 NINGABI ngabafundisi abaninzi, baza-
lwana bami! nisazi ukuba siya kuzuza
ukugwetywa okukulu ngakumbi ke. 2
Ngokuba siposisa kwa sonke ngendawo
ezininzi. Ukuba kuko ongaposisiyo ema-
zwini, yena lo ungumntu ofezekileyo,
onamandhla ukukalimela kwa wonke
umzimba. 3 Bona ke, imikala yamahashe
siyayifaka emilonyeni *yawo* ukuba asive,
siti wonke umzimba wawo siwusonge.
4 Bona ke, nenqanawa, nangona zinkulu
kangaka, ziqùtywa nokuqùtywa ngum-
moya onamandhla, ziyasongwa ngumti
wokukapa omncinane kakulu *noko*, apo
kusukuba umxamelo lwomkokeli lunga
zingaya kona. 5 Kwa njalo nolwimi luli-
lungwana oluncinane, kanti luyateta izinto
ezinkulu. Bona ke, umlilo omncinane uli-
pemba igoqo elikulu kangakanana len-
kuni! 6 Nalo lona ulwimi lungumlilo,
lulilizwe lenkohlakalo: luhlala njalo ke
ulwimi pakati kwamalungu etu, oludyo-
bayo umzimba wonke, lutshisa injikelezo
yemvelo, lutshiswa lona sisihogo *somlilo.*
7 Ngokuba zonke inklobo zezilo, nezentaka,
nezezinto ezinambuzelayo, nezezinto ezise-
lwandhle, ziyoyiswa, ewe zoyisiwe lulu-
ntu: 8 kodwa lona ulwimi akuko namnye
umntu ongalwoyisayo; lusisikohlakalo
esingenakuqojoshwa, luzele bubuhlungu
obufisayo. 9 Ngalo lona siyambonga yena
UTIXO noyise, nangalo lona siyaqalekisa
abantu abenziweyo ngokufana NOTIXO. 10
Kwa kuwo umlomo 'mnye kupuma uku-
bonga nokuqalekisa. Ezizinto, bazalwana
bami! ngazingabi njalo. 11 Umtombo uya-
mpompoza na kwa kulo ituba linye *amanzi*
amnandi narara? 12 Umkiwane, baza-
lwana bami! ungavelisa amanquma na,
umhlaumbi umti weveyine amakiwane na?
Kwa njalo ke akuko 'mtombo ongavelisayo
amanzi atyuwa namnandi.
13 Ngubanina olumkileyo onokwazi
pakati kwenu? makayibonakalise ngoku-
mila okulungileyo imisebenzi yake ekulu-
lameni kwobulumko. 14 Kodwa ukuba
ninozondo olurara nenkani enkliziyweni
yenu, ize ningaqayisi ningaxoki ngakuyo
innyaniso. 15 Obu abububo ubulumko
obuhlayo buvela pezulu, bubobasemhla-
beni, bobobuntu, bobobudemoni. 16 Ngo-
kuba apo kukoyo uzondo nenkani, kuko
kwa kona impitimpiti nazo zonke izenzo
ezibi. 17 Kodwa ubulumko obuvela pezulu
buti ke ukuqala bucocekile, band' ukuba
luxolo, butambile, bucengeka kakuhle,
buzele bububele nezixakato ezilungileyo,
bungenakwahlula, bungenakuhanahanisa.
18 Kekaloku isixakato sobulungisa siya-
hlwayelwa eluxolweni ngabo abalwenzayo
uxolo.

4 ZIVELA pina imfazwe nembambano
pakati kwenu? Aziveli kwa lapa na,
kwa seziyolweni zenu ezilwayo pakati
kwamalungu enu? 2 Niyakanuka, kanti
aninanto; niyabulala, niyazondela noku-
zondela, kanti aningezuze; niyabambana
nenze imfazwe, kodwa aninanto, ngennxa
yokuba ningaceli. 3 Niyacela, ninga-
mkeli ke, ngokuba nicela kakubi, ukuze
nicitele eziyolweni zenu.
4 Nina 'barexezi nabarexezikazi! anazi
na ukuba ubuhlobo nelilizwe bubu-
butshaba NOTIXO? Ngako osukuba efuna
ukunga angaba sisihlobo selilizwe, uhlala
elutshaba LUKATIXO. 5 Niba isibàlo sifu-
mana siteta na? UMOYA omiyo kuti uya-
kanuka ngomona na? 6 Kodwa uyapa
ufefe olukulu ngakumbi. Sitsho ngoko
ukuti: UTIXO uyamelana nabaneratshi,
kodwa abatobekileyo uyabapa ufefe. 7
Ngako ke lulamelani kuye UTIXO. Melani
u-Satane, waeya kunibaleka. 8 Sondelani
KUTIXO, waeya kusondela kuni. Hlambu-
lulani izandhla, nina 'boni! nizicokise
inkliziyo, nina bankliziyo 'mbini! 9
Yibani lusizi, nilile, nenze isijwili.
Ukuhleka kwenu makuguqulwe kube
kukulila, nokuvuya *kwenu* kube kuku-
kedama. 10 Zitobeni ebusweni bayo
INKOSI, yaiya kunipakamisa.
11 Ningahlebani, bazalwana! Omhlebayo
umzalwana *wake*, amgwebe umzalwana
wake, uyawuhleba umteto, awugwebe
umteto: kodwa ukuba uyawugweba
umteto, akunguye umenzi womteto, unguyo
umgwebi. 12 Kuko umnikamteto emnye,
onamandhla okusindisa nokububisa: ungu-
banina wena ogweba omnye umntu?
13 Yizani kaloku nina nitshoyo ukuti:
Soya namhla umhlaumbi ngomso esixe-
kweni salapa, senze kona umnyaka ube



University of Fort Hare

'mnye, sitengise, siqwebe inzuzo; 14 ni-
ngakwazi nje kanti okwangomso: ngo-
kuba bunjanina ubomi benu? bukwa yiyo
inkungu ebonakalela ixeshana elincinane,
izo yand' ukuti shwaka: 15 endaweni
yokutsho kwenu ukuti: Ukuba INKOSI
iyatanda, sesiya kuti sipile, sikwenze
oku umhlaumbi oko. 16 Kodwa kaloku
niyaqayisa ekuzidhleni kwenu: konke
ukuqayisa okunjalo kukohlakele.
17 Ngako owaziyo ukwenza okulungi-
leyo, angakwenzi ke, kusisono kuye.

5 YIZANI kaloku nina 'zityebi! yenzani
isijwili nigulele intsizi zenu eziza
kunihlela. 2 Ubutyebi benu bubolile,
nezivato zenu sezidhliwe ngamanundu.
3 Igolide yenu nesilivere *yenu* igxwalile;
woti ke umhlwa wazo ube sisinqino nga-
kuni, uyidhle innyama yenu njengomlilo.
Nibekele indyebo emihleni yokugqibela.
4 Bona ke, umvuzo wabasebenzi abawa-
vunileyo amasimi enu, obandeziweyo nini
ngokulumkisa, uyabiza; nezikalo zaba-
vunileyo zingenile ezindhlebeni zayo
INKOSI yemikosi. 5 Nipilile kamnandi
emhlabeni apa, nahlala ngobuyolo; ni-
zondhlile inkliziyo zenu njengasemmini
yokuxèla. 6 Nigwebile, nibulele olungi-
leyo; akamelani nani.
7 Yitini ngoko, bazalwana! nizeke kade
kude kufike INKOSI. Bona ke, umlimi
uyalinda iziqamo ezinqabileyo zomhlaba,
ezeka kade pezu kwazo, zide zamkele
eyapambili neyasemva imvula. 8 Yitini
nani nizeke kade; ziqiniseni inkliziyo
zenu; kuba ukufika KWENKOSI sekukufupi.
9 Ningarorelani, bazalwana! ukuze
ningagwetywa. Nanku umgwebi emi
pambi kwocango. 10 Batabateni, baza-
lwana bami! babe ngumzekelo wokuva
ubunzima, nowokuzeka kade, abaprofito
abatetileyo ngegama LENKOSI. 11 Bona
ke, siti banetamsanqa abo banyamezelayo.
Ukunyamezela kuka-Jobi nikuvile, nesi-
pelo SENKOSI nisibonile, ukuba yona INKOSI
inezibele kakulu, inenceba.
12 Kodwa pezu kwento zonke, baza-
lwana bami! ningafungi; ninga*fungi* izulu,
nomhlaba, nesinye isifungo simbi: kodwa
u-ewe wenu makabe ngu-ewe, no-hai abe
ngu-hai; ukuze ningeyeli ekugwetyweni.
13 Kuko na obuvayo ubunzima pakati
kwenu? makatandaze. Kuko na ocwayi-
tileyo? makavume amaculo. 14 Kuko
na ofayo pakati kwenu? makabizele aba-
dala beremente; mabatandaze bona pezu
kwake, bemtambisile ngeoli egameni LEN-
KOSI: 15 wauya kuti' umtandazo wokolo
umsindise lowo ufayo, iti ke INKOSI impa-
kamise; nokuba wenzile izono, uya ku-
xolelwa. 16 Xelelanani iziposo zenu,
nitandazelane, ukuze nipiliswe: sina-
mandhla kakulu isikungo solungileyo
ekusebenzeni kwaso. 17 U-Elija ebe-
ngumntu wemilo efana neyetu, wanya-
meka ukutandaza ukuba kungani 'mvula:
kwaza akwana 'mvula emhlabeni lowo
yaminyaka mitatu inennyanga zintandatu.
18 Ubuye watandaza kanjalo, laza izulu
lanika imvula, wati umhlaba wapumisa
iziqamo zawo.
19 Bazalwana! ukuba umntu pakati
kwenu uyalahleka kuyo innyaniso, aze ati
omnye amguqule, 20 makaqonde ukuba
lowo uguqulayo umoni elulahlekweni
lwendhlela yake, uya kusindisa umpefu-
mlo ekufeni, agubungele isininzi sezono.

## EYOKUQALA INNCWADI YOMPOSTILE

# UPETROSI.

### ISAHLUKO I.

UPETROSI, umpostile ka-Yesu Krestu,
kubo abaranukeli abacitakalele e-
Pontusi, e-Galati, e-Kapadosiya, e-Asiya,
nase-Bitiniya, 2 abanyuliweyo ngokwo-
kwazi okupambili KUKATIXO uyise, eku-
ngcwaliseni KWOMOYA, kube kukuva no-
kufefezwa kwegazi lika-Yesu Krestu:
Lwanga ufefe noxolo lunganandiselwa.
3 Makabongwe yena UTIXO noyiso



University of Fort Hare

WENKOSI yetu u-Yesu Krestu, oto ngokwo-
buninzi bobubele bake wasizala ngokutsha
kube litemba elipilileyo ngako ukuvuka
kuka-Yesu Krestu ekufeni, 4 kube lilifa
elingonakaliyo, elingancolisekileyo, elinga-
gugiyo, linilindiselwe ezulwini, 5 nina
nigcinelwayo emandhleni KATIXO ngalo
ukolo kude kubeko usindiswa olulungele
ukutyilwa exesheni lokugqibela: 6 oni-
gcoba ngako kakulu, nangona kaloku
ngomzuzwana, ukuba kufanelekile, niselu-
sizini ngamalingwa amaninzi, 7 ukuze
ukulingwa kwokolo lwenu, kunqabile ka-
kulu nje ngapezu kwokwegolide etsha-
balalayo, eti noko ilingwe ngomlilo,
kufunyanwe kube luduniso, nembeko,
nobungcwalisa, ekutyilweni kuka-Yesu
Krestu; 8 eniti ningambonanga nje, nim-
tande; okuye, nangona kaloku ninga*m*-
boniyo, nikolwa nje noko, niyagcoba
ngovuyo olungatetekiyo oluzele bubu-
ngcwalisa; 9 nisamkela isipelo sokolo
lwenu, usindiswa lwemipefumlo *yenu*. 10
Abate ngalo olosindiswa babuza bapanda
kunene abaprofite abebeprofitesha ngalo
ufefe *lumis*elwe nina; 11 bapengulula uku-
ba lixesha elinina umhlaumbi elinjanina
abexela ngalo umoya ka-Krestu obekubo,
enqìna ngapambili inklungu *zimis*elwe
u-Krestu, nobungcwalisa obuya kulandela:
12 okwatyilwa kubo, ukuba bebengazi-
*tet*eli bona, kodwa bebetetela tina ezizinto,
ezityelweyo kuni kaloku ngabo banishu-
mayezile ivangeli ngomoya oyingcwele
esusiwe ezulwini; izinto ingelosi zikanu-
kayo ukukangela kuzo.

13 Ngako oko binqani amanqe oluvo
lwenu, niqabuke, nilutembele ngokuza-
lisekileyo olofefe luniziselwayo ekutyi-
lweni kuka-Yesu Krestu; 14 niti nje-
ngabantwana bokuva, ningabi nilingani-
sana nenkanuko zangapambili ekungazini
kwenu; 15 koko, njengokuba engcwele
lowo wanibizayo, nibe ngcwele kwa nani
kuko konke ukumila *kwenu*; 16 ngennxa
yokuba kubàliwe *ukuti:* Yibani ngcwele,
ngokuba ndingcwele mina.

17 Nokokuba nibiza konguyihlo, oti
engabuki isiqu samntu agwebe ngokwom-
sebenzi wabanye ngabanye, hlalani ixesha
lokupambukela kwenu ninokuhlonela; 18
nisazi njo ukuba bekungengazo izinto
ezonakalayo, isilivere umhlaumbi igolide,
enakululwayo kuko ukumila kwenu oku-
ngendawo kuvela koyihlo benu, 19 bekù-
ngalo igazi elinqabileyo lika-Krestu, nje-
ngelemvana emsulwa engenabala; 20 obete
okunene waziwa ngapambili lingekamiswa
ilizwe, kodwa wabonakaliswa ngalama-
xesha okugqibela ngennxa yenu, 21 e-
niti ngaye nikolwe KUTIXO, owamvusayo
ekufeni, wamnika ubungcwalisa, ukuze
ukolo lwenu netemba *lenu* libe kuye
UTIXO.

22 Kekaloku imipefumlo yenu niyi-
cokisile nje ekuyiveni innyaniso ngaye
UMOYA kuze kube kukutanda abazalwana
okungazenzisiyo, nyamekani kunene uku-
tandana ngenkliziyo ecocekileyo; 23 ni-
zelwe ngokutsha nje, kungengambewu
eyonakalayo, kungengonakaliyo, ngalo
ilizwi LIKATIXO elipilileyo elihlala lihleli
kude kube ngunapakade. 24 Ngokuba
uluntu lwonke lunjengennca, nabo bonke
ubungcwalisa bomntu bunjengembali
yennca: yona innca iyabuna, nembali
yayo iyavutuluka; 25 kodwa ilizwi LEN-
KOSI lihlala lihleli kude kube ngunapa-
kade. Lilo eli ke ilizwi elishunyayelweyo
ngevangeli kuni.

2 Ngako ke senibeka nxamnye nje
lwonke ulunya, nayo yonke inkohliso,
nobuhanahaniso, nomona, nako konke
ukuhleba, 2 njengentsana ezisand' uku-
zalwa, nqwenelani ubisi olungagxenge-
lwayo lwaselizwini, ukuze nikule ngalo;
3 ukuba ke nivile ukuba INKOSI ibubele.

4 Eniti, nisondela kuyo, *njengakulo* ilitye
elipilileyo, lilahliwe okunene ngabantu,
kodwa pambi KWOTIXO linyuliwe, linqa-
bile, 5 kwa nani, njengamatye apilileyo,
nakiwe niyindhlu ebumoya, nibubuperi-
site obuyingcwele, kuze kunikelwe ama-
dini abumoya, ekolekile kakuhle KUTIXO
ngaye u-Yesu Krestu. 6 Ngoko kanjako
kuko indawo esibàlweni yokuti: Bona
ke, ndiyabeka e-Ziyone ilitye eliyinkloko
yegumbi, linyuliwe, linqabile: kanjalo
okolwayo kulo akasayi kudaniswa. 7
Kukokwenu ngoko oko kunqabileyo, nina
nikolwayo; kodwa abangevayo kukokwabo
*oko kutiwa:* Ilitye babelilahlile abaki, elona
laba yinkloko yegumbi, 8 nelitye loku-
kùbekisa, nolwalwa lwokuwisa; *kwa kubo*
abakùbekayo bengaliva nje ilizwi; abebe-
miselwa kona kanjako. 9 Kodwa nina
nisisizukulwana esinyuliweyo, nibubuperi-
site obubukumkani, nisisizwe esingcwele,
ningabantu abayimfuyo etengiweyo; ukuze
nibalise izinto zamandhla zalowo wanibi-



University of Fort Hare

zayo nipume ebumnyameni ningene eku-
kanyeni kwake okungummangaliso: 10
nina enibe nifudula ningengabantu, kodwa
kaloku ningabantu BAKATIXO; enibe ninga-
fumananga ububele, kodwa kaloku nifu-
mene ububele.

11 BATANDWA! ndiyaniyala njenga-
bapambukeli nabaranukeli, ukuba nizile
inkanuko zasennyameni, ezilwayo nga-
kuwo umpefumlo; 12 ninako ukumila
kwenu nje pakati kwabo abaheyideni
kufanelekile; ukuze ke, kwa kuko oko
banihlebayo ngako njengabenzi bokuko-
hlakeleyo, bati ngezenzo *zenu* ezifaneleki-
leyo bakuzibonela badumise UTIXO emhleni
wokunonelelwa *kwabo*.
13 Lulamelani ngoko kuzo zonke izida-
lelwa zasebantwini, ngennxa yayo INKOSI:
nokuba kube kukumkani, njengakopezulu;
14 nokuba kube sezinkosini, njengakubo
abatunyiweyo nguye kube kukwohlwaywa
kwabenzi bokukohlakeleyo, nokunconywa
kwabenzi bokulungileyo. 15 Ngokuba
injalo intando KATIXO, ukuba niti
ngokwenza okulungileyo nikuti cwaka
ukungazi kwabantu abazizidenge: 16
njengabakululekileyo, kanti ningenako
ukukululeka *kwenu* njengesigubungelo
sobumenemene, koko *ninako* njengama-
konza KATIXO. 17 Bekani *abantu* bonke.
Tandani ubuzalwana. Yoyikani UTIXO.
Bekani ukumkani.
18 Nina 'zicaka! lulamelani kuzo inkosi
*zenu* ngokuhlonela konke; kungabi kuzo
ezilungileyo nezitambileyo zodwa, kube
nakuzo ezigwenxa. 19 Ngokuba oku
kuyinto enokubukwa, ukuba umntu
ngennxa yokwazela UTIXO uyazinyame-
zela intsizi, niziva nje ngokupatwa ngo-
kungalungileyo. 20 Ngokuba ludumo
lunina, ukuba niya kuti, nxa nisona
nandul' ukubetwa, ninyamezele? Koko
ukuba niya kuti, nxa nisenza okulungileyo
nandul' ukuva inklungu, ninyamezele,
oku kuyinto enokubukwa pambi KWOTIXO.
21 Ngokuba nibizelwe kwa oku: kuba
no-Krestu esivele tina inklungu, esishi-
yela umlinganiso, ukuze nilandele emi-
kondweni yake: 22 ongenzanga 'sono,
nekungafunyanwanga 'nkohliso emlonyeni
wake: 23 obesiti akutukwa akapindezela
ngokutuka; akuva inklungu akasongela;
kodwa wazilahlela kulowo ugwebayo ngo-
kulungileyo: 24 owati izono zetu yena
ngokwake wazitwala emzimbeni wake
pezu kwomti, ukuze siti, sifile nje nga-
kuzo izono, sibe sisidhla ubomi ngakubo
ubulungisa: okungayo imivimbo yake
napiliswa. 25 Ngokuba nibe ninjenge-
gusha ezilahlekayo; koko kaloku nibu-
yele kuye umalusi nomlindi wemipefumlo
yenu.

3 Ngokunjalo, nina 'bafazi! lulamelani
kwawenu amadoda; ukuze ke, ukuba
kuko angalivayo ilizwi, azuzwe ngokumila
kwabafazi *bawo* kungeko ukuteta; 2 aku-
bonela ukumila kwenu okucokisekileyo
kunokuhlonela. 3 Abakuhomba maku-
ngabi koko kungapandhle, *njengo*kwoku-
pota inuwele, nokwokufaka igolide, no-
kwokwambata izivato; 4 koko *makube*
ngumntu ositeleyo wenkliziyo, ngo*kuhomba*
okungonakaliyo kwommoya olulamileyo
nozolileyo, olixabiso elikulu ebusweni
BUKATIXO. 5 Ngokuba bebefudula besenje
njalo nabafazi abangcwele, abebetemba
kuye UTIXO, ukuzihomba kwabo, belula-
mela kwawabo amadoda: 6 njengokuba
u-Sara wamvayo u-Abrahame, embiza
ngenkosi; enizintombi zake nina, nakuba
nisiti nikwenze okulungileyo, ningoyiki
nasinye isituso.
7 Ngokunjalo, nina 'madoda! hlalani
na*bo* ngokufanelene nokwazi, ninike umfazi
imbeko njengokuba eyimpahla ebutataka
ngakumbi, nanjengokuba nizindhlalifa
kunye zofefe lwobomi, ukuze imitandazo
yenu ingabi nakutintelwa.

8 UKUPELA ke, *yibani* nonke nivume-
lana, nivelana ngobubele, nitandana nje-
ngabazalwana, ninenceba, ninobuhlobo:
9 ningapindezeli ngobubi ngennxa yobubi,
umhlaumbi ngokutuka ngennxa yoku-
tuka; kodwa ngelinye icala nitamsanqe-
lisa; nisazi nje ukuba nabizelwa kwa
oku, ukuze nizuze itamsanqa. 10 Ngo-
kuba onxamela ukutanda ubomi, noku-
bona imihla elungileyo, makapezise ulwimi
lwake kokukohlakeleyo, nomlomo wake
ukuba ungateti inkohliso: 11 makapepe
okukohlakeleyo, enze okulungileyo; ma-
kafune uxolo, aluputume ke. 12 Kuba
amehlo KAYEHOVA epezu kwabalungisayo,
nendhlebe *zako* zi*bek*elwa ukukunga
kwabo: kodwa ubuso BUKAYEHOVA bunga-
kubo abakwenzayo okukohlakeleyo.
13 Ngubanina ke oya kunenza ububi,
xeshekweni ningabalandeli bokulungi-



University of Fort Hare

leyo? 14 Koko nokuba ningaba nisiva
inklungu ngennxa yobulungisa, nineta-
msanqa ke. Ize ningoyiki ngokwoyika
kwabo, ningaxaliswa kanjako; 15 kodwa
UYEHOVA UTIXO mngcwaliseni ezinklizi-
yweni zenu. Kanjalo hlalani nilungele
ukunika impendulo kubo bonke abalibi-
zayo kuni ituba letemba elipakati kwenu
ngokululama nangokuhlonela: 16 ninaso
isazeliso esilungileyo; ukuze ke, kwa
kuko oko banihlebayo ngako njengabenzi
bokukohlakeleyo, badaniswe abo bakuxo-
kayo ukumila kwenu okulungileyo ku-
Krestu. 17 Ngokuba kulungile ngakumbi
ukuba niti, yakutanda intando KATIXO, nive
inklungu ngokwenza okulungileyo, nga-
pezu kwokuba nive *inklungu* ngokwenza
okukohlakeleyo.
18 Ngokuba no-Krestu weva inklungu
kwa kanye ngennxa yezono, olungileyo
evela abangalungileyo, ukuze asizise KU-
TIXO, efisiwe innyama nje, kodwa epili-
siwe NGOMOYA; 19 okungaye kanjako waya
washumayela komoya abasekuvalelweni,
20 bakuba fudula bebengenakuva, oko
kubo kulinda ukuzeka kade KUKATIXO
emihleni ka-Nowa, nxa innqanawa ibi-
lungiswa, okukuyo imipefumlo eminci-
nane, oko kukuti esibozo, yasindiswa
icanda amanzi: 21 okuti okufanekiselwa
ngawo kusisindise kaloku nati, kwa uba-
pitizesho, (kungekukususwa kwokuncola
kwennyama, kukupendula kwesazeliso esi-
lungileyo ngakuye UTIXO,) ngako ukuvuka
kwako u-Yesu Krestu; 22 oba ngaseku-
neno KWOTIXO, eyile ezulwini; ingelosi,
nabanegunya, nabanamandhla, bebekiwe
pantsi kuye.

4 Ngako ekubeni u-Krestu wasivelayo
tina inklungu ennyameni, nani zixo-
beni ngayo inkumbulo ekwa yiyo; ngokuba
ovileyo inklungu ennyameni enqamkile
kwisono; 2 ukuze ixesha elisaseleyo
*lokuhlala* ennyameni angabi sapila ngen-
kanuko zabantu, koko *apile* ngentando
KATIXO. 3 Ngokuba lisanele ixesha eli-
gqitileyo lobomi betu lokuba safeza
inkanuko zabaheyideni, nxa sibe sihamba
kuzo izinto zobutshinitshini, inkanuko
ezimbi, izinxalo zeveyine, imihlali yobu-
suku, iziselelwano, nenkonzo ezibuntsho-
ntsho zezitixo: 4 abatelwa nqa oku,
ukuba ningabaleki kunye *nabo* ukungena
ekukukuleni kwobubedengu okukwa kuko,
benigxeka nje: 5 abaya kupendulela ku-
lowo osel' ehlalela ukugweba abahleliyo
nabafileyo. 6 Ngokuba ngennxa yoku
ivangeli yashunyayelwa nakwabafileyo,
ukuze bagwetywe ngokwabantu ennya-
meni, kodwa badhle ubomi NGOKWOTIXO
emmoyeni.
7 Kodwa ukupela kwezinto zonke seku-
kufupi: yenzani ngoko ngokutelekelela,
niqabuke ngasemitandazweni. 8 Kodwa
pezu kwento zonke yibani notando olu-
nyamekileyo omnye ngakwomnye; kuba
utando luya kugubungela isininzi sezono.
9 Yenzelanani ngembuko yabasemzini,
kungeko ukurora. 10 Mabati bonke nga-
banye, njengokuba besamkele isipiwo,
bakonzane kwa ngaso, njengamagosa
alungileyo ofefe olupindapindiweyo LUKA-
TIXO. 11 Osukuba eteta, *makatete* njenga-
mazwi KATIXO; osukuba ekonza, *maka-
konze* njengokwobomelelo obubatyalwayo
NGUTIXO: ukuze ezintweni zonke adu-
nyiswe UTIXO ngaye u-Yesu Krestu, oku-
kokwake ubungcwalisa namandhla kudo
kube ngunapakade kanapakade. Amene.
12 Batandwa! ningatelwa nqa ukutsha
okukoyo pakati kwenu kube kukulingwa
kwenu, njengokungati into emangalisayo
ibinihlela: 13 niti, njengoko ninobudhle-
lana nazo inklungu zika-Krestu ngako,
nivuye; ukuze kanjalo ekutyilweni kwo-
bungcwalisa bake nivuye ngokugcoba
kakulu. 14 Ukuba niyatukelwa igama lika-
Krestu, ninetamsanqa ke; kuba umoya
wobungcwalisa noKATIXO epumla pezu
kwenu: ngokwabo bona uyagxekwa,
kodwa ngokwenu nina uyadunyiswa. 15
Noko makungabiko 'mntu wakuni ovayo
inklungu njengokuba engumbulali, 'mhlai-
mbi elisela, 'mhlaimbi engumenzi woku-
kohlakeleyo, 'mhlaimbi engozifaka emici-
mbini yabanye abantu. 16 Kodwa ukuba
*kuko ovayo inklungu* njengokuba engum-
Krestu, makangadani; kodwa makadumiso
UTIXO kulendawo. 17 Ngokuba ixesha
*lifikile* lokokuba ukugwetywa kuqalwe
ngayo indhlu KATIXO: kodwa ukuba ku-
qalwa ngati, *soba* yinto nina ke isipelo
sabangayivayo ivangeli KATIXO? 18 No-
kuba olungileyo cebetshu uyasindiswa,
yena ongabedeshiyo nomoni uya kubona-
kala pina? 19 Ngoko ke nabo abevayo
inklungu ngokwentando KATIXO, mababe-
kele imipefumlo yabo *kuye*, njengakumdali
onyanisekileyo, ekulungiseni.



University of Fort Hare

5 ABADALA abapakati kwenu ndiya-
bayala, ondinguye umdali kunye nabo,
nenqina lenklungu zika-Krestu, nono-
budhlelana nabo ubungcwalisa obuza
kutyilwa kanjalo. 2 Yalusani umhlambi
KATIXO opakati kwenu, ni*wu*nonelele, ku-
ngabi ngokunyanzelwa, kube ngokuvuma;
kungabi ke ngennxa yenzuzo embi, kube
ngonxamelo lwenkliziyo; 3 kungabi ke
njengokuba nizipata ngobukosi izahlulo
zelifa *lika-Tixo*, kube *njengokuba* niyimize-
kelo kumhlambi. 4 Noza niti, akubona-
kaliswa umalusi omkulu, namkele isitsaba
sobungcwalisa esingashwabaniyo.
5 Ngokunjalo, nina 'batsha! lulamelani
kubo abadala. Ewe nonke lulamelani
omnye kwomnye, nambate ukutobeka
kwenkliziyo: ngokuba UTIXO emelana
nabaneratshi, kodwa abatobekileyo uya-
bapa ufefe. 6 Zitobeni ngoko ngapantsi
kwaso isandhla esinamandhla SIKATIXO,
ukuze anipakamise ngexesha elifanele-
kileyo; 7 sonke isitukutezi senu nisi-
lahlele kuye nje, kuba enikatalela.
8 Qabukani, nilinde; kuba u-Satane
utshaba lwenu, njengayo ingonyama eko-
nyayo, ehambahamba, efuna lowo angam-
ginyayo: 9 oyena nimmelo nite nqi
elukolweni, nisazi nje ukuba inklungu
ezikwa zizo ziyafezwa kubo ubuzalwana
benu obuselizweni.
10 Kekaloku UTIXO wofefe lwonke, owa-
sibizelayo ebungcwaliseni bake obunguna-
pakade ku-Krestu Yesu, wanga angati
ngokwake, nakuba nivile inklungu kanci-
nane, anizalisekise, aniqinise, anomeleze,
anisekele. 11 Kwa kuye *makubeko* ubu-
ngcwalisa namandhla kude kube nguna-
pakade kanapakade. Amene.
12 Ngaye u-Silivane, umzalwana onya-
nisekileyo kuni, njengokuba nditelekele-
lisa, ndibàlile ngokufutshane, ndiyala,
ndinqìna nokunqina ukuba lulo ufefe
oluyinnyaniso LUKATIXO olu nimiyo kulo.
13 *Iremente* ese-Babilone eqashiweyo
kunye *nani*, iyanibulisa; kwa no-Maraki
unyana wami. 14 Bulisanani ngokwanga
kwotando. Uxolo malube kuni nonke
nikuye u-Krestu Yesu. Amene.

---

EYESIBINI INNCWADI YOMPOSTILE

# UPETROSI.

## ISAHLUKO I.

USIMONE Petrosi, isicaka nompostile
ka-Yesu Krestu, kubo abo baluzuzi-
leyo kwa lona ukolo lufana nolwetu ukuba
lunqabile kwalo ebulungiseni bake UTIXO
nomsindisi wetu u-Yesu Krestu: 2 Ufefe
noxolo lwanga lunganandiselwa ekwazi-
weni kwake UTIXO, no-Yesu INKOSI yetu.
3 Ukuba amandhla ake abutixo esipile
zonke izinto ezi*lung*ele ubomi nobube-
desho, ngako ukwaziwa kwalowo owasi-
bizayo ngabo ubungcwalisa namandhla;
4 okungazo sipiwe izitembiso ezikulu ku-
nene ezinqabileyo, ukuze niti ngezi nibe
nobudhlelana nawo ummilo obutixo, nisi-
ndile nje kulo ulwonakalo oluselizweni
ngayo inkanuko; 5 kwa ngennxa yako
oku ke, senisongeza konke ukukutala nje,
yalekelani kulo ukolo lwenu ulwomelelo,
nakulo ulwomelelo *lwenu* ukwazi, 6 na-
kuko ukwazi *kwenu* ubuncatu, nakubo
ubuncatu *benu* umonde, nakuwo umonde
*wenu* ububedesho, 7 nakubo ububedesho
*benu* ukutanda abazalwana, nakuko uku-
tanda abazalwana *kwenu* utando. 8 Ngo-
kuba ezizinto ukuba ziko kuni, zisanda
nokwanda, zinenza ukuba ninganqeni
nokuba ningaputi ekwaziweni kwayo
INKOSI yetu u-Yesu Krestu. 9 Kanti ke
lowo zingeko kuye ezizinto uyimfama,
ekohlwa 'kubona kude, selelibele nje
inklanjululwa yezono zake zapambili.
10 Ngako oko, bazalwana! nxamelani
ngakumbi ukubizwa nokunyulwa kwenu
ukukwenza kuqinisekile; ngokuba ni-
senza oku ke ningasayi kuza niwe: 11
ngokuba ngokunjalo niya kwenzelelwa
ukungena ebukumkanini obungunapakade



University of Fort Hare

bayo INKOSI yetu nomsindisi *wetu* u-Yesu
Krestu ngokukolisa.
12 Ngako oko andiyi kulibala ukuni-
kumbuza futi ngezizinto, nangona niti ni-
zazi, niqiniselwe kwinnyaniso eninayo. 13
Kodwa ndiba kufanelekile, lonke ixesha
ndiseko ngalo kulo olupahla, ukuba ndi-
nivuse ngoku*ni*kumbuza; 14 ndisazi nje
ukuba ukubekwa pantsi kwalo upahla
lwami kuza kubako kamsinya, kwa
njengokuba INKOSI yetu u-Yesu Krestu
yandibonisayo. 15 Kodwa ndiya kuzama
ukuba nibe nako kanjalo ngamaxesha
onke emveni kwokufa kwami ezizinto
ukuzikumbula.
16 Ngokuba besingalandelanga intsomi
ezenziweyo ngobuqinga, sakunazisa ama-
ndhla nokufika KWENKOSI yetu u-Yesu
Krestu, koko sibe singababoneli bobukulu
bayo. 17 Ngokuba yamkelayo ndumo
nobungcwalisa KUTIXO uyise, kwakuziswa
kuyo ilizwi elinjalo livela kubo ubu-
ngcwalisa obubungangamsha, *lisiti:* Lo
ungunyana wami otandiweyo, endikolisi-
weyo kakuhle nguye. 18 Nelilizwi saliva
tina lakuziswa livela ezulwini, oko sibe
sinaye entabeni engcwele.
19 Kanjalo sinalo ilizwi lobuprofitesho
liqinisekile ngakumbi, enilungisa ukuli-
nyamekela, njengaso isibane sikanya enda-
weni emnyama, kude kuti qip' ukusa,
kupume nekwezi, ezinkliziyweni zenu: 20
oku kuqala nikuqonda nje, ukuba akuko
'siprofitesho sesibàlo esisesokwaso uku-
tyilwa; 21 ngokuba kungezanga kuziswe
isiprofitesho ngentando yomntu; koko
abantu abangcwele BAKATIXO batetayo,
beqùtywa ngumoya oyingcwele.

2 KODWA kwabekuko nabaprofite aba-
buxoki pakati kwabantu, njengokuba
kuya kubako abafundisi ababuxoki napa-
kati kwenu, abo abaya kuti ngokunye-
belezisa bangenise izahlukaniso ezitshaba-
lalisayo, bekanyela nenkosi yabatengayo,
ezihlisela intshabalalo ezayo kamsinya.
2 Baye abaninzi beya kulandela imikwa
yabo etshabalalisayo; okungetuba labo
indhlela yennyaniso iya kugxekwa. 3
Kanjalo ngokubawa baya kunenza intengo
ngamazwi abebezekayo; abakugwetywa
kwabo kuse* kukade kungazilazili, noku-
tshabalala kwabo kunganqwalazi.
4 Ngokuba ke, ukuba UTIXO akayeka
ingelosi zakwona, koko eziwisele esiho-
gweni somlilo emixokolelwaneni yesito-
kotoko wazinikelayo ukugcinelwa uku-
gwetywa; 5 nokuba akayeka ilizwe la-
kudala, koko wamlondolozayo u-Nowa
umshumayeli wobulungisa nabanye aba-
sixenxe, akuzisa umsingakazi pezu kwe-
lizwe labangabedeshiyo; 6 nokuba izixeko
ze-Sodome ne-Gomora ezigququle nje zibe
ngumtutu wazigweba ngengcitakalo, ezi-
misa zibe ngumlinganiso kwabaya kwenza
ngokungabedeshi; 7 no-Lote olungileyo,
edinisekile kukumila okubutshinitshini
kwabakohlakeleyo, wamhlangula; (8 ngo-
kuba lo*mntu* olungileyo, ngokubona nango-
kuva, emi pakati kwabo, wakataza umpe-
fumlo *wake* olungileyo imihla ngemihla
ngezenzo *zabo* ezingendawo;) 9 iyakwazi
INKOSI ukuhlangula ababedeshekileyo eku-
lingweni, nokugcinela abangalungileyo
umhla womgwebo ukuba bohlwaywe; 10
nakakulu ke abo bahambayo ngokulandela
innyama enkanukweni yokuncolileyo,
badele nobukosi.
Basile, banenkani, aboyiki ukugxeka
abasebungcwaliseni: 11 apo ingelosi,
ezigqitisileyo ngobomelelo nangamandhla,
zingazisiyo isinceteza esigxekayo ngakubo
pambi KWENKOSI. 12 Kodwa aba, njenge-
zilo ezingatelekeleliyo, ezilandela okwem-
velo, ezenzelweyo ukubanjwa nokubu-
lawa, begxeka izinto abangazaziyo, bogqi-
bela ukwonakala elwonakalweni lwabo,
13 beza kwamkela nje umvuzo wokunga-
lungileyo; bebala ububedengu basemmini
ukuba bungumhlali; bengamabala nezi-
pako; befeketa ezinkohlisweni zabo, nxa
badhlayo nani emitendelekweni; 14 bena-
mehlo ezele lurexezo, engenako ukuyeka
isono; behenda imipefumlo ejingayo, be-
nenkliziyo iqeliselwe ukubawa, benga-
bantwana boqalekiso: 15 abati beyishiyile
nje indhlela elungileyo, balahleka, bala-
ndela indhlela ka-Bilame *unyana* ka-Bosori,
owatanda umvuzo wokungalungileyo; 16
kodwa wohlwayelwa ukugqita umteto
kwake: iqwarashe elisidenge, liteta nge-
lizwi lomntu, lalela ubugeza bomprofite
lowo.
17 Aba bayimitombo engenamanzi, ba-
ngamafu eqùtywayo luqwitela; ekugci-
nelwe bona isitokotoko sobumnyama kude
kube ngunapakade. 18 Ngokuba besiti,
beteta nje *amazwi* okuzidhla angendawo,
bahende ngenkanuko zennyama, ngezinto
zobutshinitshini, abo babesindile kanye



University of Fort Hare

kubo abahlalayo elulahlekweni; 19 beba-
tembisa nje inkululeko, bona ngokwabo
bengamakonza olwonakalo: ngokuba lowo
umntu oyiswayo nguye, ekonziswa nguye
lo kanjalo. 20 Ngokuba, emvenikweni
basindileyo kwizincoliso zaselizweni ngo-
kwaziwa kwayo INKOSI nomsindisi u-Yesu
Krestu, ukuba ke babuya barintyelwe
zizo, boyiswe, okwokupela kwabo kubi
ngakumbi kokwokuqala. 21 Ngokuba
ngekuba kubalungele ukuba babe benga-
yazanga indhlela yobulungisa, ngapezu
kwokuba bati, emvenikweni bayazileyo,
baguquke kuwo umyalelo ongcwele obuni-
kelwe kubo. 22 Kodwa kubahlele okwom-
zekeliso oyinnyaniso: Inja ibuyele em-
hlanzweni wayo; nehangukazi ebihlanjiwe,
endaweni yokuqikileka eludakeni.

3 LENNCWADI yesibini, batandwa! ndi-
yayibàla kuni kaloku; enditi kuzo
*zombini* ndiluvuse uluvo lwenu olungcwe-
ngekileyo ngokunikumbuza: 2 ukuba ni-
kumbule wona amazwi abetetiwe pambili
ngabo abaprofite abangcwele, nawo um-
yalelo wetu tina 'bapostile bayo INKOSI
nomsindisi; 3 oku kuqala nikuqonda nje,
ukuba kuya kuvela emihleni yokugqibela
abahleki, behamba ngokwezabo inkanuko,
4 besiti nokuti: Sipina isitembiso soku-
fika kwayo? ngokuba kuseloko obawo
balala kukufa, zonke izinto ziman' uku-
hlala *njengokuba zibe zihleli* njalo kwa seku-
qalekeni kwokudalwa.
5 Ngokuba oku bekufihlelwa ngabomi,
okokuba amazulu ebeko kudala, nomhlaba
ubumi ngokupuma emanzini nangokuba
pakati kwamanzi, ngelizwi LIKATIXO; 6
ekungawo wona ilizwe laloko, ligalelelwe
ngamanzi nje, 'latshabalala: 7 kodwa awa-
kaloku amazulu nomhlaba abekelwe kwa
ngalo lona ilizwi, egcinelwa umlilo kude
kube ngumhla wokugweba nowokutshaba-
lala kwabantu abangabedeshiyo.
8 Kodwa le into innye maningayifi-
hlelwa, batandwa! yokokuba umhla 'mnye
pambi KWENKOSI unjengayo iminyaka
eliwaka, nokuba iminyaka eliwaka inje-
ngawo umhla 'mnye. 9 Yona INKOSI ayi-
libaleli okwesitembiso sayo, njengokuba
besiba innxennye kukulibala; kuloko
inokuzeka kade ngakuti, ingafuni ukuba
namnye atshabalale, *ifuna* ukuba bonke
bangene elugqobokweni ke. 10 Kodwa
umhla WENKOSI uya kufika njengokuba
isela *lifika* ebusuku; okukuwo amazulu
odhlula ngesandi esikulu, neziqaleko zi-
sitsha nje zociteka, nawo umhlaba nemi-
sebenzi ekuwo wotshiswa.
11 Kekaloku ezizinto zonke zinokuci-
teka nje, nifanele ukuba ngabanjanina
kuko *konke* ukumila okungcwele nobube-
desho, 12 nilinda ninxamisa nokunxa-
misa ukufika kwawo umhla KATIXO, oku-
ngennxa yawo amazulu evuta nje ociteka,
neziqaleko zisitsha nje zonyibilika? 13
Kodwa tina, ngokwesitembiso sake, siya-
linda amazulu amatsha nomhlaba omtsha,
okuhlala kona ubulungisa.
14 Ngako oko, batandwa! ezizinto nizi-
linda nje, zamani ukuba nifunyanwe
nguye eluxolweni, ningenabala, ningo-
hlwayeki: 15 nokuzeka kade KWENKOSI
yetu kubaleni ukuba kulusindiso; nje-
ngokuba nomzalwana wetu otandiweyo
u-Paulusi, ngokwobulumko obunikiwe
kuye, wanibàlelayo; 16 njengokuba *ebà-
lile* nakuzo zonke innewadi *zake*, eteta
kuzo ngezizinto; okukoyo pakati kwazo
ezitile ezinzima ukuba ziqondwe, abati
bona abangafundileyo nabajingayo baziji-
kajikise, njengokuba *bezenze njalo* nezinye
izibàlo, kuze kube kokwabo ukutsha-
balala.
17 Nina ngoko, batandwa! nizazi nje
*ezizinto* ngapambili, lumkani, hleze niti,
nikukulisiwe ngolahlekiso lwabakohlake-
leyo nje, niwe kokwenu ukuqina. 18
Kodwa kulani elufefeni nasekwaziweni
kwayo INKOSI yetu nomsindisi *wetu* u-
Yesu Krestu: okuye *makubeko* ubungcwa-
lisa nakaloku nakude kube ngunapakade.
Amene.



University of Fort Hare

# EYOKUQALA INNCWADI YOMPOSTILE

# UJOHANE.

ISAHLUKO I.

OKUBE kuko kwa sekuqalekeni, osiku-
vileyo, osikubonileyo ngamehlo etu,
oko sakukangelayo, nezandhla zetu zaku-
patayo, NGELIZWI lobomi; (2 ewe ubomi
obo babonakaliswa, sasi*bu*bonile, siyanqìna
ke, sishumayele kuni ubomi obo obungu-
napakade, obube buko KUYISE, baza babona-
kaliswa kuti;) 3 oko sikubonileyo nesiku-
vileyo siyakushumayela kuni, ukuze nani
nibe nobudhlelana nati; nobúdhlelana
betu okunene bunaye UYISE kwa nonyana
wake u-Yesu Krestu. 4 Nezizinto siya-
zibàla kuni, ukuze uvuyo lwenu lube
luzalisekile.

5 Siso esi ke isishumayelo esisivileyo
kwa kuyo, nesisishumayelayo kuni, soko-
kuba UTIXO ulukanyo, nokuba akuko na-
bunye ubumnyama kuye. 6 Xeshekweni
sitshoyo ukuti sinobudhlelana naye, kanti
sihamba ebumnyameni, siyaxoka, singa-
yenzi innyaniso ke. 7 Kodwa xeshe-
kweni sihamba elukanyweni, njengo-
kuba yena eselukanyweni, sinobudhlelana
omnye nomnye, negazi lika-Yesu Krestu
unyana wake lona liyasihlambulula
kubo bonke ubono.

8 Xeshekweni sitshoyo ukuti asinabo
ubono, siyazikohlisa, iti yona innyaniso
ingabiko kuti. 9 Xeshekweni sizivumayo
izono zetu, unyanisekile yena, ulungile
kanjalo, ukuze asixolele izono *zetu*, asi-
hlambulule kuko konke okungalungileyo.
10 Xeshekweni sitshoyo ukuti asonanga,
siyamenza yena ixoki, liti ilizwi lake
lingabiko kuti.

2 LUSATSHANA lwami! ezizinto ndi-
yazibàla kuni, ukuze ningoni. Kanti
xeshekweni umntu onayo, sinaye umtete-
leli KUYISE, u-Yesu Krestu olungileyo: 2
kanjalo yena usisizi ngennxa yezono zetu;
engesiso ngennxa yezetu zodwa, usiso
nangennxa ye*za*lo lonke ilizwe.

3 Ngako oku ke siyakwazi ukuba sima-
zile yena, xeshekweni imiyalelo yake siyi-
gcinayo. 4 Oti: Ndimazile yena, kanti
imiyalelo yake akayigcini, ulixoki, nakuye
lo innyaniso ayiko: 5 kodwa osukuba
eligcina ilizwi lake, ngokwennene kuye
lo utando LUKATIXO lufezekisiwe. Ngako
oku siyakwazi ukuba sikuye yena. 6 Oti
uyahlala kuye, ufanelwe kukuti, njengo-
kuba yena lowo ebehamba, enje njalo
ukuhamba naye.

7 Bazalwana! andibàli umyalelo omtsha
kuni, koko *ndibàla* umyalelo omdala, enibe
ninawo kwa sekuqaleni: wona umyalelo
omdala ulilizwi enalivayo kwa sekuqaleni.
8 Kanjako umyalelo omtsha ndiyawubàla
kuni; okuyinnene kuye nakuni: kuba
ubumnyama budhlula, nalo ukanyiso olu-
yinnyaniso selukanya kaloku. 9 Oti use-
lukanyweni, kanti utiya umzalwana wako,
usebumnyameni kwada kwakaloku. 10
Otandayo umzalwana wake uyahlala elu-
kanyweni, kungeko 'sixakaniso kuye. 11
Kodwa otiyayo umzalwana wake use-
bumnyameni, uyahamba ebumnyameni
kanjalo, engazi apo aya kona, kuba ubu-
mnyama bumfamekisile amehlo ake.

12 Ndiyabàla kuni, lusatshana! ngo-
kokuba nixolelwe izono zenu ngennxa
yegama lake. 13 Ndiyabàla kuni, boyise!
ngokokuba nimazile lowo *okoyo* kwa seku-
qalekeni. Ndiyabàla kuni, madodana!
ngokokuba nimoyisile okohlakeleyo. Ndi-
yabàla kuni, bantwana! ngokokuba nima-
zile UYISE. 14 Ndibàlile kuni, boyise!
ngokokuba nimazile lowo *okoyo* kwa seku-
qalekeni. Ndibàlile kuni, madodana! ngo-
kokuba nomelele, nokuba ilizwi LIKATIXO
lihlala kuni, nokuba nimoyisile okohla-
keleyo.

15 Ningalitandi ilizwe, kwa nezinto
ezikulo ilizwe. Xeshekweni umntu alita-
ndayo ilizwe, utando LUKAYISE aluko kuye.
16 Ngokuba konke okuselizweni, inkanuko



University of Fort Hare

yennyama, nenkanuko yamehlo, neratshi
lobomi, kungaveli kuye UYISE, kuvela
kulo ilizwe. 17 Kanjalo lona ilizwe
liyadhlula, nenkanuko yalo; kodwa o-
yenzayo intando KATIXO uyahlala kude
kube ngunapakade.

18 Bantwana! selilixeshana lokugqi-
bela: nanjengokuba nevayo ukuba u-
Antikrestu uyeza, kwa *njalo* kaloku o-
Antikrestu abaninzi sebeko: kukona
siqondayo ukuba selilixeshana lokugqi-
bela. 19 Bapuma kuti, koko bebengenga-
bakuti: ngokuba ke ukuba bebengabakuti,
ngebeba besahleli nati; koko *bapumayo*,
ukuze babonakaliswe ukuba bebengenga-
bakuti bonke. 20 Kanti nina ninalo
utanjiswa luvela kuye oyingcwele, nize
nizazi zonke izinto. 21 Andibàlanga kuni
ukuba ningayazi innyaniso, kukuba ni-
yazi; nokuba *nisazi* ukuba akuko 'buxoki
obuvela kuyo innyaniso. 22 Ngubanina
olixoki, kupela ngulowo ukanyelayo ukuba
u-Yesu unguye u-Krestu? Yena lo unguye
u-Antikrestu, okanyelayo UYISE NONYANA.
23 Osukuba emkanyela UNYANA, akanaye
NOYISE: ovumayo UNYANA, UNOYISE nayo.

24 Nina ngoko, oko nakuvayo kwa
sekuqaleni, makuhlale kuni. Xeshekweni
kuhlala kuni oko nakuvayo kwa seku-
qaleni, nani niya kuhlala kuye UNYANA
nakuye UYISE. 25 Siso esi ke isitembiso
wasitembisayo ngaso, esobomi obunguna-
pakade. 26 Ezizinto ndizibàlile kuni
ngabo abanikohlisayo. 27 Kanti nina,
utanjiswa enalwamkelayo kuye, luyahlala
kuni, nize ningafaneli ukuba umntu anifu-
ndise; koko njengokuba lona olotanjiswa
lunifundisa ngento zonke, luyinnene nje,
lungebubo ke ubuxoki, nanjengokuba
belunifundisile, niya kuhlala kuye.

28 NAKALOKU, lusatshana! hlalani
kuye; ukuze siti, okuya abonakaliswayo,
sibe nokalipo, singamndwebi ngokudana
ke, ekufikeni kwake. 29 Xeshekweni ni-
kwazi ukuba ulungile, niyaqonda ukuba
osukuba esenza ubulungisa uzelwe nguye.

3 Bonani utando olungakanana asinikile
lona UYISE, lwokuba sibizwe ngabalu-
sapo LUKATIXO! Ngennxa yoku ilizwe ali-
siqondi, ukuba belingamqondanga yena. 2
Batandwa! kaloku silusapo LUKATIXO, kanti
akukabonakaliswanga into esiya kuba
yiyo: kodwa siyazi ukuba, xeshekweni
abonakaliswayo, soba sifana naye; kuba
siya kumbona njengokuba enjalo. 3 No-
sukuba enalo itemba eli pezu kwake, yena
uyazicokisa, njengokuba yena lowo ecoki-
sekile.

4 Osukuba esenza isono, uyakwenza
nokugqita umteto; ewe isono sikuko
ukugqita umteto. 5 Kanjalo niyazi ukuba
yena lowo wabonakaliswa, ukuze izono
zetu azisuse; nokuba akuko 'sono kuye.
6 Osukuba ehlala kuye akoni: osukuba
esona, akambonanga, akamazanga kanjalo.

7 Lusatshana! makungabiko onikohli-
sayo: owenza ubulungisa ulungile, nje-
ngokuba yena lowo elungile. 8 Owenza
isono ungowakuye u-Satane; kuba u-
Satane esona kwa sekuqaleni. Wabona-
kaliselwa kwa oku unyana KATIXO, ukuba
ayicite imisebenzi ka-Satane. 9 Osukuba
ezelwe NGUTIXO akenzi 'sono, kuba imbewu
yake ihlala kuye; akangone ke, kuba
ezelwe NGUTIXO. 10 Ngako oku bayabona-
kala abalusapo LUKATIXO nabalusapo luka-
Satane: osukuba engenzi ubulungisa
akangowakuye UTIXO, kwa nalowo ungam-
tandiyo umzalwana wake.

11 Ngokuba siso esi isishumayelo enasi-
vayo kwa sekuqaleni, sokuba sitandane.
12 Singabi njengaye u-Kayine, obengowa-
kuye okohlakeleyo, wambulala umninawe
wake. Wambulala ngennxa yanina ke?
Ngokuba imisebenzi yake ibikohlakele,
kodwa eyomninawe wake ibilungile. 13
Ningati nqa, bazalwana bami! ukuba
ilizwe liyanitiya. 14 Siyazi tina ukuba
sipumile ekufeni sangena ebomini, kuba
sitanda bona abazalwana: lowo ungamta-
ndiyo umzalwana *wake* uyahlala ekufeni.
15 Osukuba emtiya umzalwana wako
unguye umbulali: niyazi ke ukuba akuko
'mbulali onabo ubomi obungunapakade
buhlala kuye.

16 Ngako oku siyaluqonda utando, uku-
ba yena lowo wabeka pantsi ubomi bako
ngennxa yetu: nati ke sifanelwe kukubeka
pantsi ubomi *betu* ngennxa yabo abaza-
lwana. 17 Kodwa yena osukuba enayo
imfuyo yelilizwe, ati umzalwana wako
ambone esekusweleni, amvalele umbilini
wake, luti nina utando LUKATIXO ukuhlala
kuye? 18 Lusatshana lwami! ukutanda
kwetu makungabi ngelizwi nangolwimi,
makube ngesenzo nangennyaniso.

19 Kwa ngako oku siyazi ukuba singa-
bakuyo innyaniso, nokuba siya kuncamisa
inkliziyo zetu pambi kwake. 20 Ngokuba



University of Fort Hare

xeshekweni inkliziyo *yetu* isigwebayo,
UTIXO umkulu kuyo inkliziyo yetu, nya-
zazi zonke izinto kanjalo. 21 Bata-
ndwa! xeshekweni inkliziyo yetu ingasi-
gwebiyo, sinalo ukalipo ngakuye UTIXO:
22 nako oko sisukuba sikucela, siyakwa-
mkela kuye, ngokuba imiyalelo yake siyi-
gcina, nezinto ezikolekileyo ebusweni bake
sizenza. 23 Nguwo ke lo umyalelo wake,
wokokuba sikolwe egameni lonyana wake
u-Yesu Krestu, nokuba sitandane, njengo-
kuba wasinikayo umyalelo. 24 Nalowo
uyigcinayo imiyalelo yake uyahlala kuye,
naye yena *uyahlala* kuye. Kwa ngako oku
siyazi ukuba uyahlala kuti, ngoKWOMOYA
asinikileyo.

4 Batandwa! ningakolwa ngomoya bo-
nke, niti nibalinge omoya, ukuba bavela
KUTIXO na: ngokuba abaprofite ababuxoki
abaninzi bepumile bangena elizweni. 2
Ngako oku niyamazi umoya KATIXO:
Bonke omoya abavumayo u-Yesu Krestu
ukuba uzile ennyameni bavela KUTIXO;
3 kanjako bonke omoya abangavumiyo
u-Yesu Krestu ukuba uzile ennyameni
abaveli KUTIXO: unjalo ke umoya wo-
Antikrestu, lowo enivileyo ukuba uyeza,
osel' eko elizweni nakaloku.
4 Nina ningabakuye UTIXO, lusatshana!
seniboyisile bona: ngokuba emkulu lowo
ukuni ngapezu kwalowo uselizweni. 5
Bona bangabakulo ilizwe: ngennxa yoku
bayateta okwaselizweni, liti ilizwe libeve.
6 Tina singabakuye UTIXO: omaziyo UTIXO
uyasiva; lowo ungengowakuye UTIXO
akasiva. Kwa ngako oku siyazi umoya
wonnyaniso nomoya wolahlekiso.

7 BATANDWA! masitandane: ngokuba
utando luvela KUTIXO; nosukuba etanda,
yena uzelwe NGUTIXO, uyamazi UTIXO
kanjako. 8 Lowo ungatandiyo akama-
zanga UTIXO: ngokuba UTIXO elutando.
9 Kuko oku utando LUKATIXO lwabonaka-
liswa kuti, ukuba unyana wake okupela
kwozelweyo UTIXO umtumile ukuza eli-
zweni, ukuze sipile ngaye. 10 Nal' utando
kuko oku, kungekukuba tina samtanda
UTIXO, kukuba yena wasitanda tina, wam-
tuma unyana wake ukuba sisizi ngennxa
yezono zetu.
11 Batandwa! ukuba UTIXO wasitanda
tina kangaka, nati sifanelwe kukutandana.
12 Akuko 'mntu oke wambona UTIXO na-
kanye. Xeshekweni sitandanayo, UTIXO
uyahlala kuti, luti utando lwake lufezeki-
swe kuti. 13 Ngako oku siyazi ukuba
siyahlala kuye, nokuba yena *uyahlala* kuti,
ngokuba esinikile okwomoya wake. 14
Nati tina sibonile, siti kanjalo sinqìne
okokuba UYISE umtumile unyana *wake*
ukuba ngumsindisi welizwe. 15 Lowo
usukuba evuma ukuba u-Yesu unguye
unyana KATIXO, UTIXO uyahlala kuye, naye
yena *uyahlala* KUTIXO. 16 Kanjalo tina
silwazile sikoliwe nokukolwa lulo olotando
UTIXO analo kuti. UTIXO ulutando; nalowo
uhlala elutandweni, yena uyahlala KUTIXO,
naye UTIXO *uyahlala* kuye.
17 Kuko oku utando lufezekiselwe tina,
ukuze sibe nalo ukalipo emhleni wom-
gwebo: ngokuba njengokuba enjalo yena
lowo, sinjalo tina nati kwelilizwe. 18
Akuko 'soyiko elutandweni; koko utando
olufezekileyo lusilahlela pandhle isoyiko;
kuba isoyiko sinabo ubuhlungu: yena
owoyikayo akafezekiswanga elutandweni.
19 Siyamtanda yena, kuba wasitanda tina
tanci.
20 Xeshekweni umntu atshoyo ukuti:
Ndiyamtanda UTIXO, kanti utiya umzalwana
wake, ulixoki; ngokuba lowo ungamta-
ndiyo umzalwana wake ambonileyo, angati
nina ukumtanda UTIXO angambonileyo? 21
Kanjalo lomyalelo sinawo uvela kuye,
ukuba omtandayo UTIXO makamtande nom-
zalwana wake.

5 Osukuba ekolwa ukuba u-Yesu unguye
u-Krestu uzelwe NGUTIXO; nosukuba
emtanda owazalayo uyamtanda nozelweyo
nguye. 2 Ngako oku siyazi ukuba siya-
lutanda usapo LUKATIXO, okuya UTIXO sim-
tandayo, nemiyalelo yake siyigcinayo. 3
Ngokuba lulo olu utando LUKATIXO, ukuba
siyigcine imiyalelo yake: imiyalelo yake
ayinzima ke. 4 Ngokuba konke okuze-
lweyo NGUTIXO kuloyisa ilizwe: lulo olu
ke ulwoyiso oluloyisayo ilizwe, ukolo
lwetu. 5 Ngubanina oloyisayo ilizwe,
kupela ngulowo ukolwayo kukuba u-Yesu
ungunyana KATIXO?
6 Nguye lo owezayo ngamanzi negazi,
u-Yesu ongu-Krestu; bekungengawo ama-
nzi odwa, bekungawo amanzi negazi: ka-
njalo UMOYA ungulowo unqìnayo, kuba
UMOYA uyinnyaniso. 7 Ngokuba kuko
abatatu abanqìnayo ezulwini, UYISE, u-
Lizwi, nomoya oyingcwele; aba 'batatu
ko banye. 8 Kuko nabatatu abanqìnayo
emhlabeni, UMOYA, namanzi, negazi; aba



University of Fort Hare

'batatu ke balungelelene. 9 Ukuba siya-
mkela ubunqìna babantu, ubunqìna BUKA-
TIXO bugqitisile: ngokuba bubo obu ubu-
nqìna BUKATIXO abunqìnileyo ngaye unyana
wake. 10 Okolwayo kuye unyana KATIXO
unabo ubunqìna kwa pakati kwake; lowo
ungakolwayo kuye UTIXO, umenzile yena
ixoki, kuba engakolwanga kubo ubunqìna
abunqìnileyo UTIXO ngaye unyana wake.
11 Bubo obu ke ubunqina, bokuba UTIXO
wasinika ubomi obungunapakade; bona
obubomi ke bukuye unyana wake. 12
Onaye UNYANA, unabo ubomi; lowo unge-
naye unyana KATIXO, akanabo ubomi.

13 EZIZINTO ndizibàlile kuni niko-
lwayo egameni lonyana KATIXO; ukuze
nibe nokwazi ukuba ninabo ubomi obu-
ngunapakade, nokuze nibe nokukolwa ega-
meni lonyana KATIXO. 14 Lulo olu ke
ukalipo sinalo ngakuye, ukuba, xeshekweni
sicela into ngokwentando yake, uyasiva:
15 naxeshekweni saziyo ukuba uyasiva,
oko sisukuba sikucela, siyazi ukuba siya-
zuza ingcelo ezo esiziceleyo kuye. 16 Xe-
shekweni umntu ambonayo umzalwana
wake esona isono esingabangi 'kufa, uya
kucela, waeya kunika kuye ubomi, kubo
abenzayo isono esingabangi 'kufa. Kuko
isono esibang' ukufa: anditsho ukuti
makatandazele sona eso. 17 Konke oku-
ngalungileyo kusisono: kanjalo kuko isono
esingabangi 'kufa.

18 Siyazi ukuba lowo usukuba ezelwe
NGUTIXO akoni: uti owazalwayo NGUTIXO
azigcine, ati okohlakeleyo angampati. 19
Siyazi ukuba tina singabakuye UTIXO,
nokuba ilizwe lonke limi enkohlakalweni.
20 Siyazi kodwa ukuba unyana KATIXO
ufikile, nokuba usinikile ingqondo, ukuze
simazi lowo uyinnyaniso; kanjalo sikuye
lowo uyinnyaniso, kuye unyana wake u-
Yesu Krestu. Nguye lo UTIXO oyinnya-
niso, nobomi obungunapakade.

21 Lusatshana! zibambeni kuzo izitixo.
Amene.

---

## EYESIBINI INNCWADI YOMPOSTILE

# UJOHANE.

UMDALA kuyo inkosikazi enyuliweyo
nakubo abantwana bayo, endibata-
ndayo mina ennyanisweni; ndingendimi
ndedwa, ngabo bonke abayazileyo innya-
niso nabo; 2 ngennxa yennyaniso ehlala
kuti, eya kubako nati kude kube nguna-
pakade kanjalo: 3 Makubeko nani ufefe,
ububele, uxolo luvela KUTIXO uyise, na-
KWINKOSI u-Yesu Krestu unyana KAYISE,
ennyanisweni naselutandweni.

4 Ndavuya kunene ukuba ndifumene
abantwana bako innxennye behamba en-
nyanisweni, njengokuba besiwamkele um-
yalelo kuye UYISE. 5 Nakaloku ndiyaku-
tandaza, nkosikazi! kungenjengokungati
ndibàla umyalelo omtsha kuwe, koko *ndi-
bàla* lowo esibe sinawo kwa sekuqaleni,
wokuba sitandane. 6 Lulo olu ke utando,
lwokuba sihambe ngokwemiyalelo yake.
Nguwo lo umyalelo: Lwokuba niti, nje-
ngokuba benivile kwa sekuqaleni, nihambe
kulo.
7 Ngokuba abakohlisi abaninzi bengene
elizweni, abangavumiyo u-Yesu Krestu
ukuba ubesiza ennyameni. Onjalo u-
ngumkohlisi no-Antikrestu. 8 Zilumkeleni,
ukuze singalahlekani nezozinto sizisebe-
nzileyo, siti samkele umvuzo ozalisekileyo.
9 Osukuba epambuka, engahlali elufundi-
sweni luka-Krestu, akanaye UTIXO. Ohla-
layo elufundisweni luka-Krestu, yena lo
UNOYISE kwa NONYANA. 10 Ukuba umntu
uyeza kuni, oti olufundiso angaluzisi,
ningamamkeli endhlwini ke, ningateti
kuye ngokubulisa: 11 ngokuba oteta kuye
ngokubulisa enobudhlelana nemisebenzi
yake ekohlakeleyo.

12 Ndinazo izinto ezinninzi nje zokuni-
bàlela, bendingafuni ukunga ndingu*bàla*
ngepepa neyinke: koko nditemba ukuza
kuni, nokuteta umlomo ngakuwo umlomo,
ukuze uvuyo lwetu lube luzalisekile.

13 Abantwana bodade wako onyuliweyo
bayakubulisa. Amene.



University of Fort Hare

## EYESITATU INNCWADI YOMPOSTILE

# UJOHANE.

UMDALA kuyo u-Gayusi otandiweyo,
ondimtandayo mina ennyanisweni.
2 Sitandwa! pezu kwezinto zonke ndi-
yanqwena ukuba uhanjiswe kakuhle upile
nokupila, kwa njengokuba uhanjiswa ka-
kuhle umpefumlo wako. 3 Ngokuba nda-
vuyayo kunene, bakuti abazalwana bafika
banqìnela innyaniso yako, kwa njengokuba
uhamba wena ennyanisweni. 4 Andinalo
uvuyo olukulu ngakumbi kuko oku, ukuba
ndive usapo lwami ukuba luyahamba en-
nyanisweni.

5 Sitandwa! uyakwenza ngokunyanise-
kileyo oko usukuba usenzela kona abaza-
lwana nabasemzini; 6 abanqìneleyo utando
lwako ebusweni beremente; oya kuti,
wakuba ubahambisa ekuhambeni kwabo
ngokufanele UTIXO, ube uyalungisa: 7 ngo-
kuba bekungennxa yegama lake bapumayo,
bengamkeli 'luto kubo abaheyideni. 8
Tina ngoko sifanelwe kukuba sibabuke
abanjalo, ukuze sibe ngabasebenzisi *babo
ukusebenz*ela innyaniso.

9 Ndabàla kuyo iremente; koko u-Diyo-
trefesi otanda ukuba 'mkulu pakati kwabo
angasamkeliyo. 10 Ngennxa yoku, xeshe-
kweni ndizayo, ndo*m*kumbuza izenzo zako
azenzayo, esirobozela ngamazwi olunya:
oti kanjalo, engancanyiswa kuko oku,
angabamkeli abazalwana yena ngokwake,
nabo bafuna *ukubamkela* abalele, *aba*kupe
kwa serementeni. 11 Sitandwa! ungala-
ndeli oko kukohlakeleyo, uti *ulandele*
oko kulungileyo. Owenza okulungileyo
ungowakuye UTIXO; kodwa owenza oku-
kohlakeleyo akambonanga UTIXO.

12 U-Demetriyusi unqìnelwe kakuhle
ngabo bonke, nayiyo innyaniso: kanjalo
nati siyanqìna; niyazi ke ukuba ukunqìna
kwetu kuyinnene.

13 Ndibe ndinazo izinto ezinninzi zoku-
bàla, koko ndingavumiyo ukubàla kuwe
ngeyinke nosiba: 14 kodwa ndiyatemba
ukuba ndohla ndikubone, nokuba siya
kuteta umlomo ngakuwo umlomo.

Uxolo malube kuwe. Abahlobo *balapa*
bayakubulisa. Bulisa abahlobo *abanawe*
ngegama ngegama.

---

## INNCWADI YOMPOSTILE

# UJUDE.

UJUDE, isicaka sika-Yesu Krestu, nom-
ninawe ka-Yakobi, kubo ababiziweyo,
bengcwalisiwe KUTIXO uyise, belondoloziwe
ngo-Yesu Krestu: 2 Ububele, noxolo, no-
tando lwanga lunganandiselwa.

3 Batandwa! ndisenza konke ukukutala
nje ukubàla kuni ngalo usindiso olulo-
lwabo bonke, bendiba kufanelekile ukuba
ndibàle kuni, ndiniyala ukuba ninyameke
ukupikela ukolo olwanikelwa kwa kanye
kubo abangcwele. 4 Ngokuba bengenile
ngokunyebeleza abantu abatile, ababo
kudala bebalulelwe okukugwetywa, aba-
ngabedeshiyo, ufefe LWOTIXO wetu belu-
guqule lube bubutshinitshini, nokupela
kwenkosi UTIXO NENKOSI yetu u-Yesu
Krestu bemkanyela.

5 Kodwa ndifuna ukunga ndinganiku-



University of Fort Hare

mbuza, nangona nise nikwazi oku, ukuba
INKOSI, seibasindisile nje abantu elizweni
le-Jipete, yati kamva yabubisa abangako-
liweyo. 6 Nazo ingelosi, ezo zingagcina-
nga isimo sazo sokuqala, koko ziyishi-
yile eyazo inklalo, izigcinele umgwebo
womhla omkulu ngemibambo engunapa-
kade ngapantsi kwesitokotoko 7 Nje-
ngokuba i-Sodome ne-Gomora, nezixeko
zangakuzo, zizilahlele nje embulweni
ngendawo efana nabo, ziputume innyama
yimbi kanjalo, zibekelwa ukuba ngumli-
nganiso, zibuva ubuhlungu bomlilo ongu-
napakade.
8 Ngokunjalo noko ke bati ababapupi
nabo, bancolise innyama, badele ubukosi,
bagxeke abasebungcwaliseni. 9 Kanti u-
Mikaheli ingelosi enkulu, okuya epikisana
no-Satane ebepika ngawo umzimba ka-
Mosesi, akalinga ukuzisa ngakuye isince-
tezo sokugxeka, koko watshoyo ukuti:
INKOSI maikutetise. 10 Kodwa bona aba
ezozinto abangazaziyo bayazigxeka; nezo-
zinto abati, njengezilo ezingatelekeleliyo,
baziqonde ngemvelo, ngazo ezi bayazo-
nakalisa. 11 Hai ubunzima babo! ukuba
behambile endhleleni ka-Kayine, bagalele-
kela elulahlekweni luka-Bilame ngennxa
yomvuzo, babuba ekupikeni kuka-Kora.
12 Bona aba bazizidyobo ezidhlweni
zenu zotando, besitya *nani* emitendele-
kweni bengenakwoyika, bezondhla bona:
bangamafu angenamanzi, eqùtywaqùtywa
ngummoya; bayimiti epululekileyo, inge-
naziqamo, ifile kabini, idonyulwe ngen-
gcambo; 13 bangamaza alwayo olwandhle,
ekepuza awawo amahlazo; bazinkwe-
nkwezi ezibangazekayo, ekugcinelwe zona
isitokotoko sobumnyama kude kube ngu-
napakade.
14 Kanjalo u-Enoki, owesixenxe emva
kwo-Adame, wabaprofiteshela nabo aba,
esiti: Bona ke, INKOSI yeza inamawaka-
waka abangcwele bayo, 15 ukwenza uku-
gweba ngakubo bonke, nokuvisa ityala
bonke abangabedeshiyo pakati kwabo
ngazo zonke izenzo zabo ezingabedeshe-
kileyo ababezenzile ngokungabedeshi, na-
ngazo zonke izinto ezilukuni ababezitetile
ngakuyo aboni abangabedeshiyo. 16 Bona
aba bangabarorayo, bangabeyayo, behamba
ngokwenkanuko zabo; abamlomo uteta
*amazwi* okuzidhla, bebeka abantu ngennxa
yenzuzo.
17 Kodwa nina, batandwa! kumbulani
wona amazwi abetetiwe pambili ngabo
abapostile BENKOSI yetu u-Yesu Krestu;
18 ukuba bebesiti kuni kuya kubako aba-
hleki exesheni lokugqibela, behamba ngo-
kwezabo inkanuko ezingabedeshekileyo.
19 Ngabo aba abazahlukanisayo, bengabo-
buntu *bodwa*, bengenaye UMOYA.
20 Kodwa nina, batandwa! nizaka nje
pezu kwokolo lwenu olungcwelekazi, ni-
tandaza kumoya oyingcwele, 21 zigci-
neleni elutandweni LUKATIXO, nibulinda
ububele bayo INKOSI yetu u-Yesu Krestu
bude bube bubomi obungunapakade. 22
Abanye ke okunene yibani nobubele kubo,
nisahlula; 23 abanye kodwa basindiseni
ngokwoyika, nibahlasela emlilweni, niyi-
tiya nengubo edyojiweyo yinnyama.
24 Kekaloku kulowo unamandhla oku-
nilondoloza ningenakukùbeka, nokunimisa
nimsulwa pambi kwobungcwalisa bako
eluvuyweni olukulu, 25 kokupela kwolu-
mkileyo UTIXO umsindisi wetu, *makubeko*
ubungcwalisa nobukulukazi, amandhla
negunya, nakaloku nakude kube nguna-
pakade. Amene.

# ISITYILO

## SIKAJOHANE.

### ISAHLUKO I.

ISITYILO sika-Yesu Krestu, eso UTIXO
wasinikayo kuye, ukuba abonise izi-
caka zake izinto ezifanele ukubako ka-
msinya: waza watuma wasazisa ngayo
ingelosi yako kwisicaka sako u-Johane;



University of Fort Hare

2 owanqinayo ilizwi LIKATIXO, nobunqina
buka-Yesu Krestu, nazo zonke izinto
wazibonayo. 3 Unetamsanqa lowo ulese-
shayo, nabo bevayo amazwi esisiprofitesho,
bageine ezonto ezibàliweyo kuso ; ngokuba
ixesha likufupi.

4 UJOHANE kuzo iremente zosixenxe
ezise-Asiya: Ufefe malube kuni, noxolo,
luvela kuye ókoyo, obeko, ozayo; nakubo
omoya bosixenxe abapambi kweterone
yake; 5 nakuye n-Yesu Krestu, inqina
eliyinnene, umzalwa-tanci kwabafileyo,
nenkosi yokumkani bomhlaba. Kuye
owasitandayo, wasihlanza kuzo izono zetu
egazini lake; 6 waza wasenza okumkani
nabaperisite kuye UTIXO noyise wake:
kuye *makubeko* ubungewalisa namandhla
kude kube ngunapakade kanapakade.
Amene.

7 Bona ke, uyeza namafu, aye amehlo
onke eya kumbona, nabo abo bamhlabayo;
kanjalo zonke izizwe zomhlaba ziya ku-
senza isijwili ngakuye., Ewe, Amene. 8
Mina ndingu-Alefa no-Omega, isiqalo nesi-
pelo, itsho INKOSI ENGUTIXO, ekoyo, ebiku,
ezayo, usomandhla.

9 Mina 'Johane, onguye nomzalwana
wenu, nolikolwane kunye *nani* embande-
zelweni, nakubo ubukumkani nomonde
ka-Yesu Krestu, ndibe ndisesiqitini esi-
bizwa nge-Patimo, ngennxa yelizwi LIKA-
TIXO, nangennxa yobunqina buka-Yesu
Krestu. 10 Ndaba KUMOYA ngemmini
YENKOSI; ndaza ndeva emva kwami ilizwi
elikulu, njengelexilongo, 11 lisitsho ukuti:
Mina ndingu-Alefa no-Omega, owokuqala
nowokugqibela: nokuti: Oko ukubonayo
kubàle ennewadini, u*yi*tume kuzo iremente
zosixenxe ezise-Asiya; kuyo i-Efese, na-
kuyo i-Simurena, nakuyo i-Peregamo, na-
kuyo i-Tiyatira, nakuyo i-Saradise, nakuyo
i-Filadelafiya, nakuyo i-Lawodikeya.

12 Ndaza ndajika ukuba ndibone ilizwi
elo elatetayo nami. Ndati ndakuba ndiji-
kile ndabona ikandelare zegolide zasixenxe,
13 napakati kwazo ikandelare zosixenxe
ofana nonyana wesintu, evete ingubo
ifikela ezinnyaweni, ebinqiwe ngasema-
beleni ngombinqo wegolide. 14 Kanjalo
inkloko yake nennwele *zake* zazimhlope,
njengoboya obumhlope begusha, njengayo
ingqweqwe; namehlo ake aenjengalo ila-
ngatye lomlilo; 15 nennyawo zake zazi-
fana nexina ekazimlayo, njengokungati
zazivuta esidhlangalaleni; nelizwi lake la-
linjengelizwi lamanzi amaninzi. 16 Waye-
pete esandhleni sake sokunene inkwe-
nkwezi zasixenxe; nakuwo umlomo wake
kwakupuma irele elinklangoti zimbini
elibukali; nobuso bake babunjengokuba
ilanga likanya emandhleni alo.

17 Ndati kekaloku ndakumbona, ndawa
ngasezinnyaweni zake ngokungati ndifile.
Waza wabeka isandhla sake sokunene pezu
kwami, esiti kumi: Ungoyiki; mina ndi-
ngowokuqala nowokugqibela; 18 ndingo-
pilileyo, kanti ndibe ndifile; kanjalo, bona
ke, ndipilile kude kube ngunapakade kana-
pakade: Amene: kanjako ndinazo izilotile
zeladesi nezokufa. 19 Zibàle ezonto
wazibonayo, nezo zikoyo, nezo ziza ku-
bako emveni kwazo ezi. 20 Imfihlakalo
yenkwenkwezi zosixenxe wazibonayo
kwesokunene sami, nekandelare zosixenxe
zegolide: zona inkwenkwezi zosixenxe
zizingelosi zeremente zosixenxe; nazo
ikandelare zosixenxe wazibonayo zizi-
remente ezisixenxe.

2 KUYO ingelosi yeremente yase-Efese
bàla *ngokuti:* Utsho lowo uzibambayo
inkwenkwezi zosixenxe kwesokunene
sake, ohambayo pakati kwazo ikandelare
zosixenxe zegolide, ukuti: 2 Ndiyazi
imisebenzi yako, nomzamo wako, nom-
onde wako, nokokuba akungenyamezela
abakohlakeleyo; nokuba ubalingile abo
batshoyo ukuti bangabapostile, kanti aba-
ngabo, wabafumana ukuba bangamaxoki:
3 ewe wanyamezela, unomonde ke, uzamile
ngennxa yegama lami kanjalo, aku-
dinwanga ke. 4 Koko ndinako *oku* nga-
kuwe, ukuba utando lwako lwokuqala
ulushiyile. 5 Kumbula ngoko apo uwe
kona, uguquke, wenze eyokuqala imise-
benzi: okanye, ndiyeza kuwe 'msinya,
ndandiya kukwelelisa ikandelare yako
endaweni yayo, ukuba akuguquki. 6
Koko oku unako, ukuba uyatiya imise-
benzi yaba-Nikolasi, enditiya yona nami.

7 Onendhlebe makeve into UMOYA ayi-
tshoyo kuzo iremente: Owoyisayo ndiya
kumnika ukuba adhle kuwo umti wo-
bomi, opakati kwayo iparadisi KATIXO.

8 Nakuyo ingelosi yeremente yase-
Simurena bàla *ngokuti:* Utsho owokuqala
nowokugqibela, lowo ube ufile, waza *wa-*
*buya* wapila, ukuti: 9 Ndiyazi imisebenzi
yako, nombandezelwa *wako*, nobuhlwempu



University of Fort Hare

*bako*, (utyebile noko,) nokugxeka kwabo
abati bangama-Juda kwa bona, kanti
abangawo, bayinklanganiso ka-Satane. 10
Ungoyiki nannye yezonto uza kuziva
zona: bona ke, u-Satane uza kuniposa
innxennye entolongweni, ukuze nilingwe:
naniya kuba nembandezelo imihla eli-
shumi: yiba unyanisekile kude kube
sekufeni, ndandiya kukunika isitsaba
sobomi.
11 Onendhlebe makeve into UMOYA ayi-
tshoyo kuzo iremente: Owoyisayo akasayi
kwenzakaliswa ngokufa kwesibini.
12 Nakuyo ingelosi yeremente yase-
Peregamo bàla *ngokuti:* Utsho lowo unalo
irele elinklangoti zimbini elibukali ukuti:
13 Ndiyazi imisebenzi yako, nalapo uhlala
kona, apo iterone ka-Satane ikona; kanjalo
uyalibamba igama lami, akukanyelanga
ke ukolo lwami, kwa nakuleyo imihla u-
Antipasi ubelinqìna lami elinyanisekileyo
kuyo, owabulawa pakati kwenu, apo u-
Satane ahlala kona. 14 Koko ndinako
okuncinane ngakuwe, ukuba unabo kona
abalubambayo ufundiso luka-Bilame, owa-
befundisa u-Balaki ukuposa isikùbekiso
pambi kwosapo luka-Sirayeli, sokuba lutye
okubingelweyo izitixo, nokuba lwenze
umbulo. 15 Kwa njalo nawe unabo aba-
lubambayo ufundiso lwaba-Nikolasi, endi-
lutiyayo. 16 Guquka; okanye, ndiyeza
kuwe 'msinya, ndandiya kulwa nabo
ngerele lomlomo wami.
17 Onendhlebe makeve into UMOYA ayi-
tshoyo kuzo iremente: Owoyisayo ndiya
kumnika ukuba adhle kuyo imana efihla-
keleyo; ndandiya kumnika ilitye eli-
mhlope, napezu kwelitye elo igama elitsha
libàliwe, ekungeko 'mntu olaziyo, kupela
ngulowo olamkelayo.
18 Nakuyo ingelosi yeremente yase-
Tiyatira bàla *ngokuti:* Utsho unyana KA-
TIXO, omehlo anjengalo ilangatye lomlilo,
nennyawo zake zifana nexina ekazimlayo,
ukuti: 19 Ndiyazi imisebenzi yako, nota-
ndo *lwako*, nokonzo *lwako*, nenkolo *yako*,
nomonde wako, nezenzo zako ukuba eza-
semva zikulu kwezokuqala. 20 Koko ndi-
nako okuncinane ngakuwe, ukuba uvumela
umfazi lowo, u-Jezebele, oti yena ungum-
profitekazi, ukufundisa nokulahlekisa izi-
caka zami, ukuba zenze umbulo, nokuba
zitye okubingelweyo izitixo. 21 Ndaza
ndamnika ixesha, ukuze aguquke kuwo
umbulo wake; kanti akaguqukanga.
22 Bona ke, ndiyamposela emandhlalweni,
nabo barexezayo ndawonye naye embande-
zelweni omkulu, ukuba abaguquki kuzo
izenzo zabo: 23 nabantwana bake ndoba-
bulala ngokufa: zaziya kuqonda iremente
zonke ukuba mina ndingulowo upengulu-
layo izintso nenkliziyo; ndandiya kuninika
nonke ngabanye ngokwemisebenzi yenu.
24 Kodwa nditi kuni, kwa kubo abanye
abase-Tiyatira, bonke abangenalo ufundiso
olu, nabo basukuba bengazazanga izinto
ezinzulu zika-Satane, njengokuba besitsho:
Andiyi kubeka pezu kwenu omnye um-
twalo. 25 Kodwa ke oko ninako, kubambeni
ndide ndifike.
26 Nalowo woyisayo, oyigcinayo kude
kube sekupeleni imisebenzi yami kanjalo,
ndonika yena igunya pezu kwenklanga;
27 waeya kuzipata ngentonga yesincete;
njengazo imbiza zombumbi ziya kuqeke-
zwa; kwa njengokuba nami ndamkela kuyo
UBAWO: 28 ndandiya kumnika ikwezi
lomso. 29 Onendhlebe makeve into UMOYA
ayitshoyo kuzo iremente.
3 Nakuyo ingelosi yeremente yase-Sara-
dise bàla *ngokuti:* Utsho lowo unabo
omoya bosixenxe BAKATIXO, nazo inkwe-
nkwezi zosixenxe, ukuti: Ndiyazi imise-
benzi yako, ukuba unegama lokuba upilile,
kanti ufile. 2 Yiba ulinda, uziqiniso
izinto eziseleyo, ezo ziza kufa: ngokuba
ndingafumananga imisebenzi yako ukuba
izalisekile ebusweni BUKATIXO. 3 Kumbula
ngoko ukuba ute nina ukwamkela, noku-
ba *wati nina* ukuva, ugcine, uguquke.
Ukuba ke akulindi, ndokuzuma njengesela,
waungayi kwazi yiyipina iyure endiya
kukuzuma ngayo. 4 Koko unawo ama-
gama amancinane nase-Saradise angadyo-
banga izivato zawo; babeya kuhamba nami
zin*ezivato* ezimhlope, kuba befanele.
5 Owoyisayo, yena lo uya kwambeswa
ngezivato ezimhlope: kanjalo andisayi
kucima igama lake ennewadini yobomi:
ndandiya kuvuma igama lake ebusweni
BUKABAWO, nasebusweni bengelosi zake.
6 Onendhlebe makeve into UMOYA ayi-
tshoyo kuzo iremente.
7 Nakuyo ingelosi yeremente yase-
Filadelafiya bàla *ngokuti:* Utsho oyin-
gcwele, oyinnyaniso, onesilotile sika-
Davide, oti avule kungabiko ovalayo,
avale kungabiko ovulayo, ukuti: 8 Ndi-
yazi imisebenzi yako; bona ke, ndinikile
pambi kwako ucango oluvulekileyo, eku-



University of Fort Hare

5 NDAZA ndayibona kwesokunene *isa-*
*ndhla* salowo uhleli pezu kwayo iterone
innewadi, ibàliwe pakati nangapandhle,
incanyatiselwe ngezincamatiselo zisixenxe.
2 Kanjako ndayibona ingelosi eyomeleleyo
ishumayela ngelizwi elikulu, *isiti:* Nguba-
nina ofanele ukuvula innewadi le, nokuku-
mla izincamatiselo zayo? 3 Kwaza akwa-
biko namnye, nasezulwini, nasemhlabeni,
napantsi kwomhlaba, obenamandhla oku-
vula innewadi leyo, kwa nokuyikangela.
4 Kekaloku mina ndibe ndilila kakulu,
ukuba bekungafunyanwanga namnye ofa-
nele ukuvula nokulesesha innewadi leyo,
nokuyikangela kanjalo. 5 Waza omnye
wabadala abo wati kumi: Ungalili; bona
ke, ingonyama eyeyakuso isizwe sika-
Juda, ingcambo ka-Davide, yoyisile ukuyi-
vula innewadi, nokukumla izincamatiselo
zayo zosixenxe.
6 Ndaza ndabona, kekaloku bona ke,
pakati kwayo iterone nezidalwa ezipilileyo
zozine, napakati kwabadala abo, bekuko
IMVANA imi njengokungati ibingiwe, inem-
pondo ezisixenxe namehlo asixenxe, angabo
omoya bosixenxe BAKATIXO abatunyelweyo
emhlabeni wonke. 7 Yeza yayitabata
innewadi kwesokunene *isandhla* salowo
uhleli pezu kwayo iterone.
8 Kekaloku ekuya yayitabatayo in-
newadi, izidalwa ezipilileyo zozine naba-
dala bomashumi mabini anabane bawa
pambi kwayo IMVANA, bepete abanye nga-
banye igitare, nefiyali zizele ziziqumiso,
eziyiyo imitandazo yabangcwele. 9 Baye
bevuma iculo elitsha, besiti: Ufanele uku-
yitabata innewadi, nokunqika izincamati-
selo zayo; ngokuba wabingwayo, wasite-
ngela UTIXO ngegazi lako, kuzo zonke izi-
zwe, nenteto, nabantu, nenklanga, 10 wa-
senza okumkani nabaperisite KUTIXO wetu;
sasiya kupata ngobukumkani emhlabeni.
11 Ndaza ndabona, ndaliva ilizwi lengelosi
ezinninzi zingqonga iterone nezidalwa
ezipilileyo nabadala; lalibe inani lazo
lingamashumimawaka amashumimawaka,
namawaka amawaka; 12 zisiti ngelizwi
elikulu: Ifanele IMVANA ebingiweyo ukwa-
mkela amandhla, nobutyebi, nobulumko,
nobomelelo, nembeko, nodumo, nombongo.
13 Nazo zonke izidalwa ezisezulwini,
nasemhlabeni, napantsi kwomhlaba, nezo
zipezu kwolwandhle, nento zonke ezikuzo,
ndaziva zisiti: Kulowo uhleli pezu kwayo
iterone, nakuyo IMVANA, *makubeko* umbongo,
nembeko, nodumo, namandhla, kude kubo
ngunapakade kanapakade. 14 Zaye izi-
dalwa ezipilileyo zozine zibe zisiti: Amene.
Bati kekaloku abadala bomashumi mabini
anabane bawa pantsi, babedesha lowo
upilileyo kude kube ngunapakade kanapa-
kade.

6 NDAZA ndabona xeshekweni IMVANA
yasinqikayo esinye kuzo izincamatiselo
ezo, ndeva esinye kuzo izidalwa ezipili-
leyo zozine sisiti njengelizwi lodudumo:
Yiza ukangele. 2 Ndaza ndabona, keka-
loku bona ke, ihashe elimhlope, nalowo
uhleli pezu kwalo epete isipeta: kwayo
kunikwa kuye isitsaba; wapuma ke eso-
yisa, nokuba oyise.
3 Naxeshekweni yasinqikayo esesibini
isincamatiselo, ndeva esesibini isidalwa
esipilileyo sisiti: Yiza ukangele. 4 Kwaza
kwapuma elinye ihashe, libomvu: naku-
lowo uhleli pezu kwalo kwanikwa ukususa
uxolo emhlabeni, nokuba babulalane; wa-
nikwa ke isirele esikulu.
5 Naxeshekweni yasinqikayo esesitatu
isincamatiselo, ndeva esesitatu isidalwa
esipilileyo sisiti: Yiza ukangele. Ndaza
ndabona, kekaloku bona ke, ihashe eli-
mnyama, nalowo uhleli pezu kwalo epete
isilinganiselo esandhleni sake. 6 Ndaza
ndeva ilizwi pakati kwazo izidalwa ezipi-
lileyo zozine lisiti: Ibekile ibe 'nnye yen-
nqolowa ngedenari, nebekile zibe ntatu
zeralasi ngedenari; uze ungenzakalisi ioli
neveyine.
7 Naxeshekweni yasinqikayo isincama-
tiselo sesine, ndeva ilizwi lesesine isidalwa
esipilileyo lisiti: Yiza ukangele. 8 Ndaza
ndabona, kekaloku bona ke, ihashe eli-
lubelu, nalowo uhleli pezu kwalo, igama
lake lingu-Kufa; kanjalo u-Hadesi uyala-
ndela naye. Kwaye kunikwa kubo igunya
lokuba babulale, pezu kwesesine isiqingata
somhlaba, ngerele, nangendhlala, nango-
kufa, nangawo amaramncwa omhlaba.
9 Naxeshekweni yasinqikayo esesihlanu
isincamatiselo, ndayibona ngapantsi kwaso
isibingelo imipefumlo yabo babebulewo
ngennxa yelizwi LIKATIXO, nangennxa yo-
bunqina abebepete bona. 10 Baye beda-
nduluka ngelizwi elikulu, besiti: Kwoda
kube ninina, Nkosi eyingcwele eyinnya-
niso! ungagwebi ungapindezeleli igazi
letu kubo abemiyo pezu kwomhlaba? 11
Kwaza kwanikwa kubo abanye ngabanye



University of Fort Hare

ingubo ezimhlope, kwatshiwo kubo ukuti
mababe besapumla kube lixesha elinci-
nane, bade bazalisekiswe inani labo nabo
abazizicaka kunye nabo nabazalwana babo,
abaya kubulawa kwa njengabo bona.
12 Ndaza ndabona xeshekweni yasinqi-
kayo isincamatiselo sesitandatu, kekaloku
bona ke, kusuke kwabako isingcangcazelo
esikulu somhlaba; lati ilanga laba mnyama
njengenklakanklaka yoboya, nennyanga
yaba njengegazi, 13 nenkwenkwezi zawa
ngasemhlabeni, njengokuba umkiwane
uvutulula amakiwane awo asebusika,
wakungcangcazeliswa ngummoya omkulu.
14 Laza izulu lahluka njengennewadi
yakusongwa; nazo zonke intaba neziqiti
zakweleliswa ezindaweni zazo. 15 Kanjako
okumkani bomhlaba, nemiduna, nezityebi,
nenkosiwaka, nabanamandhla, nawo onke
amakonza, nabo bonke abakululekileyo,
bazifihlela emiqolombeni nasemaweni en-
taba: 16 besitsho ezintabeni nasemaweni
ukuti: Siweleni, nisifihle kubo ubuso
balowo uhleli pezu kweterone, nakuwo
umsindo WEMVANA; 17 ngokuba ufikile
umhla omkulu womsindo wayo; ngubanina
ke ongemayo?

7 NASEMVENI kwezizinto ndabona
ingelosi zanne zimi emagumbini omane
omhlaba, zibamba imimoya yomine yom-
hlaba, ukuze kungavuteli 'mmoya pezu
kwomhlaba, napezu kwolwandhle, napezu
kwamnye umti.
2 Ndaza ndabona ennye ingelosi inyuka
empumalanga, ipete isincamatiselo SOTIXO
opilileyo: yadanduluka ke ngelizwi eli-
kulu kuzo ingelosi zonne, ekwanikwa kuzo
ukwenzakalisa umhlaba nolwandhle, 3
isiti: Ningenzakalisi umhlaba, nolwandhle,
nemiti, side sincamatisele izicaka ZOTIXO
wetu pezu kwamabunzi azo.
4 Ndaza ndeva inani labancanyatise-
lweyo: amawaka alikulu linamashumi
mane anamawaka mane ngapandhle ebe-
ncanyatiselwe kuzo zonke izizwe zosapo
luka-Sirayeli. 5 Kuso isizwe sika-Juda
amawaka alishumi linamabini ebencanyati-
selwe. Kuso isizwe sika-Rubene amawaka
alishumi linamabini ebencanyatiselwe.
Kuso isizwe sika-Gadi amawaka alishumi
linamabini ebencanyatiselwe. 6 Kuso
isizwe sika-Ashere amawaka alishumi li-
namabini ebencanyatiselwe. Kuso isizwe
sika-Nefatali amawaka alishumi linamabini
ebencanyatiselwe. Kuso isizwe sika-
Manase amawaka alishumi linamabini
ebencanyatiselwe. 7 Kuso isizwe sika-
Simone amawaka alishumi linamabini ebe-
ncanyatiselwe. Kuso isizwe sika-Levi
amawaka alishumi linamabini ebencanyati-
selwe. Kuso isizwe sika-Yisakare amawa-
ka alishumi linamabini ebencanyatiselwe.
8 Kuso isizwe sika-Zebulone amawaka
alishumi linamabini ebencanyatiselwe.
Kuso isizwe sika-Josefe amawaka alishumi
linamabini ebencanyatiselwe. Kuso isizwe
sika-Benjamine amawaka alishumi linama-
bini ebencanyatiselwe.
9 Emveni kwoku ndabona, kekaloku
bona ke, isihlwele esikulu, ekungeko nam-
nye ongasibalayo, sivela kuzo zonke inkla-
nga, nezizwe, nabantu, nenteto, bemi pambi
kweterone napambi KWEMVANA, bezambete
ingubo ezimhlope, be*namagatya* emiti yepa-
lime ezandhleni zabo; 10 baye bedandu-
luka ngelizwi elikulu, besiti: Usindiso
malube kuye UTIXO wetu ohleli pezu kwe-
terone, nakuyo IMVANA. 11 Zazibe zite
zonke ingelosi zema zingqonga iterone,
nabadala, nezidalwa ezipilileyo zozine,
zawa pambi kwayo iterone ngobuso bazo,
zabedesha UTIXO, 12 zisiti: Amene. *Ma-*
*kubeko* umbongo, nodumo, nobulumko,
nombulelo, nembeko, namandhla, nobome-
lelo, kuye UTIXO wetu kude kube ngunapa-
kade kanapakade. Amene.
13 Waza wapendula omnye wakubo
abadala abo, esiti kumi: Aba bazambeteyo
ingubo ezimhlope, bangobanina bona?
bavela pina kanjalo? 14 Ndaza ndatsho
kuye ukuti: Nkosi! uyazi wena. Waza
wati kumi: Bona aba bangabavelayo ku-
leyo imbandezelo enkulu, abate bazihlanza
ingubo zabo, bazenza mhlope egazini layo
IMVANA. 15 Bako ngennxa yoku pambi
kweterone KATIXO, bamkonze emmini nase-
busuku etempileni yake: waye lowo uhleli
pezu kwayo iterone eya kubakusela. 16
Abasayi kuba salamba, abasayi kuba sa-
nxanwa kanjako; kungababaleleli nelanga,
nabunye ubushushu: 17 ngokuba IMVANA
epakati kwayo iterone iya kubalusa, iba-
kokele kuyo imitombo epilileyo yamanzi;
waye UTIXO eya kusula zonke innyembezi
emehlweni abo.

8 NAXESHEKWENI yasinqikayo isi-
ncamatiselo sesixenxe, kwatiwa cwaka
ezulwini kwanga kusisiqingata seyure.



versity of Fort Hare

2 Ndaza ndabona ingelosi ezo zisixenxe
ezimiyo ebusweni BUKATIXO; kwaye kuni-
kwa kuzo amaxilongo asixenxe.

3 Yandula yeza ennye ingelosi, yema
ngasesibingelweni, ipete isiqumelo sego-
lide; kwaye kunikwa kuyo into enninzi
yeziqumiso, ukuze *iyi*nikele kunye nemi-
tandazo yabangcwele bonke pezu kwesibi-
ngelo segolide pambi kwayo iterone. 4
Waza wenyuka umsi weziqumiso, kunye
nemitandazo yabangcwele, esandhleni se-
ngelosi pambi KWOTIXO. 5 Yaza ingelosi
leyo yasitabata isiqumelo, yasizalisa kuwo
umlilo wesibingelo, wa*wu*posela emhla-
beni: kusuke kwabako amazwi, nendu-
dumo, nemibane, nesingcangcazelo som-
hlaba.

6 Zaza ingelosi ezo zosixenxe, zipete
amaxilongo lawo osixenxe, zazilungisa
ukuze zihlokomise.

7 Yati eyokuqala ingelosi yahlokomisa;
kusuke kwabako izicoto nomlilo zipitike-
ziwe negazi, zaposelwa emhlabeni: saza
isiqingata sesitatu sayo imiti satshiswa,
nabo bonke utyani obuluhlaza batshi-
swa.

8 Yati eyesibini ingelosi yahlokomisa;
kwaye kunjengokungati intaba enkulu
isitsha ngomlilo yaposelwa elwandhle:
sisuke isiqingata sesitatu solwandhle saba
ligazi; 9 saza safa isiqingata sesitatu sazo
izidalwa eziselwandhle, ezo zinokudhliwa
kwobomi; kanjalo isiqingata sesitatu sazo
inuqanawa sabujiswa.

10 Yati eyesitatu ingelosi yahlokomisa;
kwaza kwawa ezulwini inkwenkwezi
enkulu ivuta njengesibane, yawa pezu
kwesiqingata sesitatu sayo imilambo, na-
pezu kwayo imitombo yamanzi; 11 ne-
gama lenkwenkwezi leyo kutwa ngu-
Mhlonyane: saza isiqingata sesitatu sawo
amanzi saba ngumhlonyane: bati abantu
abaninzi bafa ngamanzi lawo, kuba enziwa
rara.

12 Yati eyesine ingelosi yahlokomisa;
kwaza kwabetwa isiqingata sesitatu se-
langa, nesiqingata sesitatu sennyanga,
nesiqingata sesitatu senkwenkwezi; ukuze
kwenziwe mnyama isiqingata sesitatu sazo,
iti immini ingabonakali isiqingata sesitatu
sayo, nobusuku bube kwa njalo.

13 Ndaza ndabona, ndeva ingelosi etile
ibaleka ngamapiko pakati kwezulu isiti
ngelizwi elikulu: Ilishwa, ilishwa, ilishwa,
kubo abemiyo pezu kwomhlaba, ngawo
amanyo amazwi exilongo lengelosi zontatu
eziseza kuhlokomisa!

9 YATI eyesihlanu ingelosi yahlokomisa;
ndaza ndabona inkwenkwezi iwile
ezulwini ngasemhlabeni: kwaye kunikwa
kuyo isilotile sesihogo sesinzulu. 2 Yaza
yasivula isihogo sesinzulu; kwenyuka
umsi esihogweni, njengomsi wesidhlanga-
lala esikulu; lenziwa mnyama ilanga
nesibakabaka ngomsi wesihogo. 3 Nakuwo
umsi lowo kwapuma inkumbi *zapum*ela
emhlabeni: kwaye kunikwa kuzo ama-
ndhla njengokuba benamandhla onomadu-
dwane bomhlaba. 4 Kwaza kwatshiwo
kuzo ukuti mazingenzakalisi utyani bom-
hlaba, kwa namnye into eluhlaza, kwa
namnye umti; kupela *mazenzakalise* abo-
bantu bodwa abangenaso isincamatiselo
SIKATIXO pezu kwamabunzi abo. 5 Kwaye
kunikwa kuzo ukuba zingababulali, koko
ukuba bambelwe innyanga zibe nklanu:
nokumbela kwazo bekunjengako ukumbela
kwonomadudwane, akuhlaba umntu. 6 Na-
kuyo imihla leyo abantu bofuna ukufa,
kanti abaya kukufumana; babeya kunqwe-
nela ukunga bangafa, kanti ukufa kwobaleka
kubo. 7 Kanjalo izimilo zenkumbi ezo zibe
zifana namahashe elungiselwe imfazwe:
napezu kwenkloko zazo bekunjengokungati
zizitsaba zifana negolide; nobuso bazo
bebunjengobuso babantu. 8 Zazinennwele
njengennwele zamankazana; namazinyo
azo ebenjengawengonyama. 9 Zazinezi-
gcinisifuba njengezigcinisifuba zesincete;
nesandi samapiko azo besinjengesandi
sennqwelo zinamahashe amaninzi ebalekela
ekulweni. 10 Zazinemisila ifana nono-
madudwane; kanjalo bekuko ilwavila emi-
sileni yazo: namandhla azo ebengawokuba
zenzakalise abantu innyanga zibe nklanu.
11 Zazinayo ibe ngukumkani pezu kwazo
ingelosi yesinzulu, egama ngokwama-
Hebere lingu-Abadone, nangokwama-
Girike inegama elingu-Apoliyone.

12 Ilishwa lesinye liggitile: bona ke,
kuseza amashwa amabini emveni kwoku.

13 YATI eyesitandatu ingelosi yahloko-
misa; ndaza ndeva ilizwi livela ezimpo-
ndweni zonne zesibingelo segolide esipambi
KWOTIXO, 14 lisiti kuyo eyesitandatu inge-
losi ebipete ixilongo: Kulula ezongelosi
zonne ezibotshiweyo ngasemlanjeni omkulu
um-Ferate. 15 Zaza zakululwa ezongelosi



University of Fort Hare

zonne ezibe zilungiselwe leyo iyure, nom-
hla, nennyanga, nomnyaka, ukuze zibulale
isiqingata sesitatu sabantu. 16 Kekaloku
inani lemikosi yabakweli bamahashe bebe-
ngamakulu mabini amawaka amawaka:
ndeva ke inani labo. 17 Kwaye kungo-
kunje ndabona amahashe lawo kulombo-
niso, nabo bahleli pezu kwawo, benezi-
gcinisifuba ezibumlilora, nezibuyasinte,
nezibusufure: nenkloko zamahashe lawo
zibe zinjengazo inkloko zengonyama;
nakuyo imilomo yawo kwapuma umlilo,
nomsi, nesufure. 18 Ngazo ezizinto
zontatu kwabulawa isiqingata sesitatu
sabantu, ngomlilo, nangomsi, nangesufure,
ezipumayo emilonyeni yawo. 19 Ngokuba
amandhla awo ekuwo umlomo wawo, na-
kuyo imisila yawo: ngokuba imisila yawo
ifana nennyoka, inazo inkloko, nangazo
zona ayenzakalisa. 20 Bati kekaloku aba-
nye abantu, abo babengabulawanga ngezi-
beto ezi, abaguquka noko kuyo imisebenzi
yezandhla zabo, ukuze bangazibedeshi
idemoni, nezitixo zegolide, nezesilivere,
nezexina, nezamatye, nezemiti, ezikohlwa
nakukubona, nakukuva, nakukuhamba;
21 abaguquka kanjako kuzo izibulalo zabo,
nakuzo izitakato zabo, nakuwo umbulo
wabo, nakuyo imibado yabo.

10 Ndaza ndabona ennye ingelosi eyo-
meleleyo isihla ezulwini, ilambete
ilifu; kwaye kuko umnyama pezu kwen-
kloko *yayo;* ubuso bayo bebunjengalo
ilanga, nennyawo zayo bezinjengentsika
zomlilo; 2 kanjalo ibipete esandhleni sayo
iinncwadana ivulekile: yaza yabeka unyawo
lwayo lwokunene pezu kwolwandhle, no-
lwokohlo pezu kwomhlaba, 3 yadanduluka
ngelizwi elikulu, njengoko ingonyama
ikonyayo: naxeshekweni yadandulukayo,
zateta zona indudumo zisixenxe amazwi
azo. 4 Kekaloku xeshekweni indudumo
zisixenxe ezo bezitetile amazwi azo, be-
ndiza kubàla. Ndaza ndeva ilizwi livela
ezulwini lisiti kumi: Ncamatisela ezonto
zatetwayo zindudumo zosixenxe, ungazi-
bàli zona ezi. 5 Yaza yati ingelosi, leyo
ndayibonayo imi pezu kwolwandhle napezu
kwomhlaba, yapakamisa isandhla sayo
ngasezulwini, 6 yafunga lowo upilileyo
kude kube ngunapakade kanapakade, owa-
dalayo izulu nezinto ezikulo, nomhlaba
nezinto ezikuwo, nolwandhle nezinto ezi-
kulo, ukuba akusayi kuba seko 'xesha;
7 koko kuya kuti emihleni yelizwi le-
yesixenxe ingelosi, yakuza kuhlokomisa,
kwandul' ukufezwa imfihlakalo KATIXO,
njengokuba eshumayele kuzo izicaka zake
abaprofite.
8 Laza elolizwi ndalivayo livela ezu-
lwini labuya lateta nami, lati: Yiya uta-
bate lonncwadana ivulekileyo esandhleni
sayo ingelosi emiyo pezu kwolwandhle
napezu kwomhlaba. 9 Ndasuka ndaya
kwingelosi leyo, ndati kuyo: Ndinike lon-
ncwadana. Yayisiti kumi: Tabata, uyidhle
ugqibe, yaiya kusenza rara isisu sako,
koko emlonyeni wako iya kuba mnandi
njengobusi. 10 Ndaza ndayitabata lon-
ncwadana kuso isandhla sengelosi leyo,
ndayidhla ndagqiba; yaibe emlonyeni
wami injengobusi ukuba mnandi; naxe-
shekweni bendiyityile, saba rara isisu
sami. 11 Yayisiti kumi: Ufanele ukuba
ubuye uprofiteshe ngabo abantu, nenkla-
nga, nenteto, nokumkani abaninzi.

11 Ndaza ndanikwa ingcongolo ifana
nentonga; yati ingelosi leyo yema,
isiti: Suka, ulinganise itempile KATIXO,
nesibingelo, nababedeshayo pakati kwayo.
2 Kanjalo ibala elingapandhle kwayo ite-
mpile liyeke, uze ungalinganisi lona; ngo-
kuba linikwe kubo abaheyideni: nesixeko
esiyingcwele baya kusinyatela innyanga
zibe ngamashumi mane anambini. 3
Ndandiya kunika amanqina ami omabini,
ukuba aprofiteshe imihla ibe liwaka lina-
makulu mabini anamashumi matandatu,
ezambete ingubo ezinklakanklaka. 4
Wona la ayiminquma leyo yomibini, neka-
ndelare zombini, ezimiyo ebusweni BOTIXO
womhlaba. 5 Nokuba kuko ofuna uku-
wenzakalisa, umlilo uyapuma emlonyeni
wawo, uzigqibele intshaba zawo: nokuba
kuko ofuna ukuwenzakalisa, ufanele ukubu-
lawa ngokunjalo. 6 Wona la anamandhla
okuba alivingce izulu, ukuze kungani
imvula emihleni yokuprofitesha kwawo:
anamandhla kanjako pezu kwawo amanzi,
okuba awaguqule abe ligazi, nokuba awu-
bete umhlaba ngezibeto zonke, nxa asukuba
etanda *ukwenje njalo.* 7 Naxeshekweni
afezileyo isinqino sawo, loti iramnco elipu-
mayo esinzulwini lenzo imfazwe nawo,
liwoyise, liwabulale. 8 Nezidumbu zawo
*ziya kubako* esitarateni sesixeko esikulu,
esiti ngobumoya sibizwa nge-Sodome na-
nge-Jipete, apo kanjalo INKOSI yetu yabi-
kuruseshelwa kona. 9 Baye ke bona aba-
kubo abantu, nezizwe, nenteto, nenklanga,



University of Fort Hare

beya kubona izidumbu zawo imihla mitatu
inesiqingata *somhla*, bangavumeli ukuba
izidumbu zawo zibekwe emanewabeni.
10 Babeya kuti abemiyo pezu kwomhlaba
bawavuyele, bagcobe, batumelane amabaso,
kuba aba abaprofite ababini bambela
abemiyo pezu kwomhlaba. 11 Nasemveni
kwalomihla mitatu inesiqingata *somhla*,
ummoya wobomi uvela KUTIXO wangena
kuwo, asuka ema ngeenyawo zawo; kwaza
ukwoyika okukulu kwawa pezu kwabo
abebewabonela. 12 Kanjalo eva ilizwi
elikulu livela ezulwini lisiti kuwo: Nyukelani
apa. Aza enyukela ezulwini ngelifu;
zati intshaba zawo zawabonela. 13 Nakuyo
leyo iyure kusuke kwabako isingcangcazelo
esikulu somhlaba, sati isiqingata
seshumi sesixeko eso sawa, kwabulawa ke
kwesosingcangcazelo somhlaba amawaka
asixenxe abantu: baza abaseleyo baba
nokwoyika, banika udumo kuye UTIXO
wezulu.

14 Ilishwa lesibini ligqitile: bona ke,
ilishwa lesitatu liyeza 'msinya.

15 YATI eyesixenxe ingelosi yahlokomisa;
kwaza kwabako amazwi amakulu
ezulwini, esiti: Ubukumkani belilizwe
buse bubobayo INKOSI yetu, nobo-Krestu
wayo; waeya kupata ngobukumkani kude
kube ngunapakade kanapakade.
16 Baza abadala bomashumi mabini
anabane, abahleli ebusweni BUKATIXO pezu
kweterone zabo, bawa ngobuso babo, babedesha
UTIXO, 17 besiti: Siyabulela kuwe,
NKOSI 'TIXO 'Somandhla, okoyo, obuko,
ozayo! ukuba uwatabatile amandhla ako
amakulu, wapata ngobukumkani. 18 Zite
inklanga zaqumba, kufikile ke umsindo
wako, nexesha labafileyo, ukuba bagwetywe,
nokuba unike umvuzo *wazo* kwizicaka
zako abaprofite, nakubo abangcwele,
nakubo abaloyikayo igama lako, kubo abancinane
nakubo abakulu, uze ubabubise
abo bawububisayo umhlaba.
19 Yaza yavulwa itempile KATIXO ezulwini,
yabonakala netyeya yocebano lwake
etempileni yake; kusuke kwabako imibane,
namazwi, nendudumo, nesingcangcazelo
somhlaba, nezicoto ezikulu.

12 KWAZA kwabonakala umqondiso
omkulu ezulwini; inkazana yambete
ilanga, inennyanga pantsi kwennyawo
zayo, nesitsaba senkwenkwezi zilishumi
linambini pezu kwenkloko yayo; 2 iti
imiti nje yakala, inennimba, inobuhlungu
bokuba izale.
3 Kwaza kwabonakala omnye umqondiso
ezulwini; kekaloku bona ke, innamba
enkulu ebomvu, inenkloko zisixenxe
nempondo zilishumi, nekrone zisixenxe
pezu kwenkloko zayo. 4 Uti umsila wayo
warola isiqingata sesitatu senkwenkwezi
zezulu, wazikahlela emhlabeni. Yaza innamba
leyo yema pambi kwalonkazana
iza kuzala, ukuze iti yakuzala imdhle
umntwana wayo. 5 Yada yazala umntwana
obudoda, oza kupata inklanga zonke ngentonga
yesincete; wati umntwana wayo
wasuselwa kuye UTIXO neterone yake. 6
Yaza lonkazana yesabela enklango, apo
ibinendawo ilungisiwe NGUTIXO, ukuze yondhliwe
kona imihla ibe liwaka linamakulu
mabini anamashumi matandatu.
7 Kwaye bekuko ukulwa ezulwini: u-Mikaheli
nengelosi zake balwa ngakuyo
innamba; yalwa innamba nayo, nengelosi
zayo, 8 kanti azoyisa, nendawo yazo ayabi
safunyanwa ezulwini. 9 Yaza yakahlelwa
lonnamba enkulu, lonnyoka yakudala,
ebizwa ngo-Mncetezi nango-Satane, ekohlisayo
elimiwayo lonke, yakahlelwa emhlabeni,
nengelosi zayo zakahlelwa ndawonye
nayo. 10 Ndaza ndeva ilizwi elikulu
lisiti ezulwini: Kaloku usindiso, namandhla,
nobukumkani buse bubobake UTIXO
wetu, negunya lelika-Krestu wake; ngokuba
ekahlelwe pantsi umnikityala wabazalwana
betu, obebanika ityala ebusweni
BOTIXO wetu emmini nasebusuku. 11 Bati
bona bamoyisa ngennxa yegazi LEMVANA,
nangennxa yelizwi lobunqina babo; abatanda
ke ubomi babo kwada kwakukufa.
12 Ngako oko gcobani, nina 'mazulu, nani
nihlala kuwo! Kwoba nzima kubo abemayo
umhlaba nolwandhle! ngokuba u-Mncetezi
ehlele kuni, enomsindo omkulu,
esazi njo ukuba lixesha elincinane analo.
13 Yati kekaloku innamba leyo, yakubona
ukuba ikahlelwe emhlabeni, yatshutshisa
lonkazana eyazalayo *umntwana*
obudoda. 14 Kwaza kwanikwa lonkazana
amapiko amabini okozi olukulu, ukuze
ibaleke iye enklango, endaweni yayo,
apo isondhliwa kona ixesha, namaxesha,
nesiqingata sexesha, *ifihlwe* ebusweni bayo
innyoka. 15 Yaza innyoka yawakupela
emva kwenkazana kuwo umlomo wayo
amanzi njengomlambo, ukuze iyenze yona



University of Fort Hare

ikukuliswe ngumlambo. 16 Kanti um-
hlaba wayisiza inkazana, wati umhlaba
wakamisa umlomo wawo, wawuginya um-
lambo lowo innamba yawukupayo kuwo
umlomo wayo. 17 Yaza yaqumba innamba
leyo ngakuyo lonkazana, yapuma ukuya
kwenza imfazwe nabaseleyo benzalo yayo,
abayigcinayo imiyalelo KATIXO, abanabo
ubunqina buka-Yesu kanjako.

13 NDAZA ndema pezu kwenklabati
yolwandhle, ndabona iramnco linyuka
elwandhle, linenkloko zisixenxe nempondo
zilishumi, napezu kwempondo zalo ikrone
zilishumi, napezu kwenkloko zalo igama
lokugxeka. 2 Kekaloku iramnco elo ndali-
bonayo libe lifana nengwe, nennyawo zalo
zinjengezebere, nomlomo walo unjengom-
lomo wengonyama: yati ke yona innamba
yalinika amandhla ayo neterone yayo,
negunya elikulu. 3 Ndaza ndabona ennye
yenkloko zalo njengokungati ibulalelwe
ukufa; kanti inxeba lokufa lalo lapoliswa:
wati wonke umhlaba walandela iramnco
elo ngokuti nqa. 4 Baza bayibedesha
innamba eyalinikayo iramnco igunya:
balibedesha iramnco kanjalo, besiti:
Ngubanina ofana neramnco? ngubanina
ongalwayo nalo? 5 Kwaye kunikwa lona
umlomo uteta izinto ezinkulu nezigxeko:
lanikwa negunya lokuba lifeze innyanga
zibe ngamashumi mane anambini. 6 Laza
lavula umlomo walo ukuteta ugxeko nga-
kuye UTIXO, ukuba ligxeke igama lake,
netabanakele yake, nabo abahlala ezulwini.
7 Kwanikwa lona kanjako ukuba lenze
imfazwe nabo abangcwele, nokuba libo-
yise; lanikwa negunya pezu kwazo zonke
izizwe, nenteto, nenklanga. 8 Babeya
kulibedesha bonke abemiyo pezu kwom-
hlaba, abamagama angabàlwanga encwa-
dini yobomi YEMVANA ebingiweyo kwa
sekumisweni kwelizwe. 9 Osukuba enen-
dhlebe, makeve. 10 Osukuba ehlanganisa
amatinjwa, uya ekutinjweni; osukuba
ebulala ngesirele, ufanele yena ukubulawa
ngesirele. Nangu ke umonde nenkolo
yabangcwele.
11 Ndaza ndabona elinye iramnco li-
nyuka emhlabeni, elibe linempondo ezim-
bini zifana nezemvana, laṭeta njengen-
namba. 12 Negunya lelokuqala iramnco
lonke liyalipata ebusweni balo; kanjalo
liyenza umhlaba nabemiyo kuwo ukuba
babedeshe iramnco lokuqala, elo inxeba
lokufa lalo lapoliswayo. 13 Liyenza ne-
miqondiso emikulu, lide liwenze nomlilo
uhle ezulwini uze emhlabeni pambi kwa-
bantu. 14 Liti kanjako libakohlise abe-
miyo pezu kwomhlaba, ngennxa yemiqo-
ndiso leyo lanikwayo ukuyenza ebusweni
balo iramnco; lisitsho kubo abemiyo pezu
kwomhlaba, ukuba mabalenzele umfanekiso
eloramnco elibe linalo inxeba lesirele,
lapila noko. 15 Kwaye kunikwa kulo
ukuba linike umpefumlo kuwo umfanekiso
weramnco elo, ukuze ke wona umfanekiso
weramnco elo ube nokuteta, wenze nokuba
abo basukuba bengabedeshi umfanekiso
weramnco babulawe. 16 Kanjalo liya-
benza ukuba bonke, abancinane nabakulu,
nabazityebi nabangamahlwempu, naba-
kululekileyo namakonza, babekelwe upau
pezu kwesandhla sabo sokunene, umhla-
umbi pezu kwamabunzi abo; 17 nokuba
kungabiko 'mntu ongati atenge umhlaumbi
atengele, kupela ngulowo unalo upau olo,
umhlaumbi igama leramnco, umhlaumbi
inani legama lalo. 18 Nabu ke ubulumko.
Lowo unokuqonda makabale lona inani
leramnco: ngokuba lilinani lomntu; ke-
kaloku inani lalo lingamakulu matandatu
anamashumi matandatu anesitandatu.

14 NDAZA ndabona, kekaloku bona ke,
yona IMVANA imi pezu kwentaba
ye-Ziyone, benayo abangamawaka alikulu
linamashumi mane anesine, benegama
LOYISE wayo libàliwe pezu kwamabunzi
abo. 2 Ndaza ndeva ilizwi livela
ezulwini, njengelizwi lamanzi amaninzi,
nanjengelizwi lodudumo olukulu: ndeva
nelizwi lababeti begitare bebeta kuzo igi-
tare zabo: 3 bavuma langa licule elitsha
pambi kwayo iterone, napambi kwezidalwa
ezipilileyo zozine nabadala abo: kwaye
kungeko namnye ongalifundayo iculo elo,
kupela ngabo abangamawaka alikulu li-
namashumi mane anesine, abebetengiwe
kuwo umhlaba. 4 Aba bangabo abebenga-
dyojwanga ngamankazana; ngokuba be-
fana nentombi zipela. Aba bangabo aba-
landelayo IMVANA apo isukuba isiya kona.
Aba bebetengiwe kubo abantu, babe lulibo
kuye UTIXO nakuyo IMVANA. 5 Akwafunya-
nwa ke'ubuxoki emlonyeni wabo: ngokuba
bemsulwa pambi kweterone KATIXO.

6 NDAZA ndabona ennye ingelosi
ibaleka ngamapiko pakati kwezulu, inayo



University of Fort Hare

ivangeli engunapakade, ukuba iyishuma-
yele kubo abemiyo pezu kwomhlaba, na-
kuzo zonke inklanga, nezizwe, nenteto,
nabantu, 7 isiti ngelizwi elikulu: Yoyi-
kani UTIXO, nimnike udumo; ngokuba ifi-
kile iyure yokugweba kwake: nimbedeshe
lowo wenzayo izulu, nomhlaba, nolwa-
ndhle, nemitombo yamanzi.
8 Yaza ennye ingelosi yalandela, isiti:
Iwile, iwile i-Babilone, esosixeko esikulu,
ngokuba isezile zonke inklanga kuyo ive-
yine yomsindo wombulo wayo.
9 Yaza eyesitatu ingelosi yazilandela,
isiti ngelizwi elikulu: Osukuba ebedesha
iramnco nomfanekiso walo, amkele upau
pezu kwebunzi lake, umhlaumbi esa-
ndhleni sake, 10 kwa yena uya kusela
kuyo iveyine yomsindo KATIXO, esel' igale-
lwe ingapitikezwanga endebeni yoqumbo
lwake; waeya kumbelwa ngomlilo nesu-
fure, ebusweni bazo ingelosi ezingcwele,
nasebusweni bayo IMVANA: 11 uti umsi
wokumbelwa kwabo unyuke kude kube
ngunapakade kanapakade; abanakupumla
ke nasemmini nasebusuku, abo babede-
shayo iramnco nomfanekiso walo, nosu-
kuba elwamkela upau lwegama lalo.
12 Nangu ke umonde wabangcwele:
naba ke abagcinayo imiyalelo KATIXO
nokolo luka-Yesu. 13 Ndaza ndeva ilizwi
livela ezulwini, lisiti kumi: Bàla *ukuti:*
Banetamsanqa abafileyo abafelayo ENKOSINI
emveni kwoku. Ewe, utsho UMOYA, ukuze
bapumle kuyo imizamo yabo; iti imise-
benzi yabo ilandele kwa nabo.
14 Ndaza ndabona, kekaloku bona ke,
ilifu elimhlope, napezu kwelifu elo *omnye*
ehleli, efana nonyana wesintu, enesitsaba
segolide pezu kwenkloko yake, nerenqa
elibukali esandhleni sake. 15 Kanjalo
ennye ingelosi yapuma etempileni, ida-
nduluka ngelizwi elikulu kulowo ubehlala
pezu kwelifu, *isiti:* Kupa irenqa lako,
uvune; ngokuba lifikile kuwe ixeshana
lokuvuna, sise sivutiwe nje isivuno som-
hlaba. 16 Waza lowo ubehlala pezu
kwelifu wafaka irenqa lake emhlabeni,
wavunwa ke umhlaba.
17 Yaza ennye ingelosi yapuma etempi-
leni esezulwini, inerenqa elibukali nayo.
18 Kanjalo ennye ingelosi yapuma ivela
esibingelweni, inegunya pezu kwomlilo
*waso*, yabiza ngesimemezo esikulu kuleyo
ibinalo irenqa elibukali, isiti: Kupa irenqa
elibukali lako, ubute izipa zomti weve-
yine womhlaba; ngokuba idreyive zawo
zigqibele ukuvutwa. 19 Yaza ingelosi
leyo yafaka irenqa layo emhlabeni, yabuta
*idreyive* zomti weveyine womhlaba, yazi-
posela esincinezelweni seveyine esikulu
somsindo KATIXO. 20 Saza saxovulwa isi-
ncinezelo seveyine ngapandhle kwesixeko;
kwapuma ke igazi kuso isincinezelo seve-
yine kwada kwakuyo imikala yamahashe,
kwamgama wezitadiya eziliwaka linama-
kulu matandatu.

15 NDAZA ndabona omnye umqondiso
ezulwini, omkulu, ongummangaliso;
ingelosi zisixenxe, zinazo izibeto zisixenxe
zokugqibela; ngokuba kuzo zona umsindo
KATIXO ufeziwe.
2 Ndaza ndabona lwanga lulwandhle
oluyiglasira lupitikeziwe nomlilo; nabo
babezuzile ulwoyiso pezu kweramnco, na-
pezu kwomfanekiso walo, napezu kwopau
lwalo, pezu kwenani legama lalo, bemi
ngakulo ulwandhle oluyiglasira, bepete
igitare ZIKATIXO. 3 Bati bavume iculo
lika-Mosesi isicaka SIKATIXO, neculo layo
IMVANA, besiti: Mikulu, yimimangaliso
imisebenzi yako, NKOSI 'TIXO 'Somandhla!
zilungile, ziyinnyaniso indhlela zako, Ku-
mkani wenklanga! 4 Ngubanina ongayi
kwoyika wena, NKOSI! adumise igama
lako? ngokuba enguwe wedwa oyin-
gcwele: ngokuba zonke inklanga ziya
kuza, zibedeshe pambi kwako; ngokuba
izigwebo zako zibonakalisiwe.
5 Nasemveni kwoku ndabona, kekaloku
bona ke, yavulwa itempile yetabanakelo
yesinqino ezulwini. 6 Zaza zapuma ezo-
ngelosi zisixenxe zinazo izibeto zosixenxe
etempileni *apo*, zivete izivato zeqiya ezi-
mhlope ezikazimlayo, zibinqiwe ngasezifu-
beni ngemibinqo yegolide. 7 Sati keka-
loku esinye kuzo izidalwa ezipilileyo
zozine sanikela ezongelosi zisixenxe ifiyali
zegolide ezisixenxe, zizele ngumsindo
KATIXO, opilile kude kube ngunapakade
kanapakade. 8 Yaza itempile yazaliswa
ngomsi uvela ebungcwaliseni BUKATIXO,
nasemandhleni ake; kwaye kungabiko
namnye ongangenayo etempileni, kude
kwafezwa ezozibeto zisixenxe zongelosi
ezo zisixenxe.

16 Ndaza ndeva ilizwi elikulu livela
etempileni *apo*, lisiti kuzo ingelosi
zosixenxe: Hambani, niye nigalele ifiyali
zomsindo KATIXO emhlabeni.



University of Fort Hare

2 Yapuma ke eyokuqala, yagalela ifiyali
yayo pezu kwomhlaba; kusuke kwabako
itumba elibi elinzima ebantwini abanalo
upau lweramnco, nababedeshayo umfane-
kiso walo.
3 Yaza eyesibini ingelosi yagalela
ifiyali yayo elulwandhleni; lusuke lwaba
ligazi njengelofileyo; yati yonke imipe-
fumlo enokudhliwa kwobomi yafa kulo
ulwandhle.
4 Yaza eyesitatu ingelosi yagalela
ifiyali yayo emilanjeni nasemitonjeni
yamanzi; asuka aba ligazi. 5 Ndaza ndeva
ingelosi yamanzi lawo isiti: Ulungile,
NKOSI! okoyo, obuko, oya kuza kubako,
kuba wenje nje ukugweba. 6 Kuba
bepalazile igazi labangcwele nelabaprofite,
nawe igazi ulinikile kubo basele; ngokuba
befanelo. 7 Ndeva kwa nennye isesibi-
ngelweni isiti: Ewe, NKOSI 'TIXO 'Soma-
ndhla! iyinnyaniso ilungile imigwebo
yako.
8 Yaza eyesine ingelosi yagalela ifiyali
yayo pezu kwelanga; kwayo kunikwa
kuyo ukuba itshise abantu ngomlilo. 9
Batshiswa ke abantu ngobushushu obukulu,
baligxeka igama LIKATIXO onamandhla
pezu kwezibeto ezi; kanti abaguquka
ukuba bamnike udumo.
10 Yaza eyesihlanu ingelosi yagalela
fiyali yayo pezu kweterone yalo iramnco;
busuke baba bumnyama ubukumkani balo;
baza bahlafuna ilwimi zabo ngennxa yobu-
hlungu, 11 bamgxeka UTIXO wezulu ngen-
nxa yenklungu zabo nangennxa yamatumba
abo; kanti abaguquka kuzo izenzo zabo.
12 Yaza eyesitatu ingelosi yagalela
ifiyali yayo pezu kwawo umlambo omkulu
um-Ferate; ati ke atsha amanzi awo, ukuze
ilungiselelwe indhlela yokumkani basem-
pumalanga. 13 Ndaza ndabona *bepuma*
emlonyeni wennamba, nasemlonyeni we-
ramnco, nasemlonyeni womprofite obuxoki,
omoya abatatu abancolileyo befana nama-
sele. 14 Ngokuba bengomoya bedemoni
besenza imiqondiso, abapuma ukuya kubo
okumkani bomhlaba nabelimiwayo lonke,
ukubahlanganisela ekulweni kwalowo um-
hla omkulu KATIXO usomandhla. 15 Bona
ke, ndiyeza njengokuba *lisiza* isela. Une-
tamsanqa lowo ulindayo, azigcine izivato
zake, ukuba angabi ehamba zé, kuze kubo-
nwe ubuhlazo bake. 16 Baza babahlanga-
nisela endaweni ebizwa ngokwama-Hebere
ngokuti yi-Harimegido.

17 Yaza eyesixenxe ingelosi yagalela
ifiyali yayo esibakabakeni; kwati ke kwa-
puma ilizwi elikulu etempileni yezulu,
kuyo iterone, lisiti: Kwenzekile. 18
Kwaza kwabako amazwi, nendudumo, ne-
mibane; kwabako nesingcangcazelo som-
hlaba esikulu, ekungabangako esinjalo
kuseloko abantu bebeko pezu kwomhlaba,
isingcangcazelo esingako, esikulu kangaka.
19 Saza isixeko esikulu sahluka kutatu,
nezixeko zenklanga zawa; nayo i-Babilone
enkulu yakunjulwa pambi KWOTIXO, ukuba
ayinike indebe yeveyine yomsindo woqu-
qumbo lwake. 20 Zati zonke iziqiti ze-
saba, nentaba azafunyanwa. 21 Kanjalo
izicoto ezikulu, zilingana netalente ukuba
nzima kwazo, zehla ezulwini pezu kwa-
bantu: baza abantu bamgxeka UTIXO ngen-
nxa yesosibeto sezicoto; ngokuba sikulu
isibeto sazo kakulu.

17 YAZA enñye kuzo ingelosi ezisixe-
nxe ezibe zinazo ifiyali ezo zisixenxe
yeza yateta nami, isiti kumi: Yiza apa;
ndokubonisa ukugwetywa kwompinyiswa
omkulu ohleli pezu kwawo amanzi ama-
ninzi; 2 lowo okumkani bomhlaba benza
umbulo naye, nabemi bomhlaba banxiliswa
ngeveyine yombulo wake. 3 Yaza ya-
ndisa enklango, emmoyeni; ndaza ndabona
inkazana ihleli pezu kweramnco elibomvu-
mnyama, lizele ngamagama okugxeka,
linenkloko zisixenxe nempondo zilishumi.
4 Yaibe lonkazana yambete izivato ezi-
bomvu nezibomvumnyama, ihonjisiwe nge-
golide, nangamatye anqabileyo, nangepe-
rule, inendebe yegolide esandhleni sayo,
izele zizinto ezibuntshontsho nabubuncola
bombulo wayo; 5 negama libàliwe pezu
kwebunzi layo, *lokuti:* IMFIHLAKALO,
IBABILONE ENKULU, UNINA WABAPINYISWA
NOWEZINTO EZIBUNTSHONTSHO ZOMHLABA. 6
Ndati lonkazana ndayibona inxilile ligazi
labangcwele, naligazi lamanqìna ka-Yesu:
ndati nqa ke, ndakuyibona, ngokuti nqa
kakulu.
7 Yaza yati kumi ingelosi leyo: Wati
nqa nganina? Ndokuxelela imfihlakalo
yalonkazana, neyeramnco eliyitweleyo,
elinenkloko zisixenxe nempondo zilishumi.
8 Iramnco elo walibonayo, libe liko,
kanjalo aliko; liza kuti ke linyuke esinzu-
lwini, liye entshabalalweni: babeya kuti
nqa abemiyo pezu kwomhlaba, abamagama
angabàlwanga kuyo innewadi yobomi kwa



University of Fort Hare

sekumisweni kwelizwe, bakubona iramnco
elo, elibe liko, elingekoyo kanjalo, elikoyo
noko.
9 Nantsi ke ingqondo enobulumko. In-
kloko zisixenxe ezo, zizintaba ezisixenxe,
ekupezu kwazo ihleli inkazana leyo. 10
Zingokumkani abasixenxe kanjalo: aba-
hlanu sebewile, omnye useko, omnye aka-
kafiki; woti akufika, afanele ukuhlala
umzuzwana. 11 Kanjako iramnco elo,
elibe liko, elingekoyo kanjalo, kwa lona
lingowesibozo, lingowakubo abasixenxe
kanjalo, eliya entshabalalweni.
12 Nempondo zilishumi ezo wazibonayo,
zingokumkani abalishumi, abangekabamkeli
ubukumkani ke; koko belamkela igunya
njengokumkani iyure innye ndawonye
neramnco elo. 13 Aba banayo ingcingo
innye, babeya kunikela amandhla *abo*
negunya labo kulo iramnco. 14 Aba baya
kulwa nayo IMVANA, yoti ke IMVANA
iboyise; kuba IYINKOSI kankosi NOKUMKANI
kakumkani; kwa nabo abanayo, bengaba-
biziweyo, nabaqashiweyo, nabanyaniseki-
leyo.
15 Yaza yati kumi: Amanzi lawo wa-
wabonayo, apo umpinyiswa ahleli kona,
angabantu, nendimba, nenklanga, nenteto.
16 Nempondo zilishumi ezo wazibonayo
pezu kwalo iramnco, boti aba bamtiye um-
pinyiswa, bamcitakalise bamenze abe zé,
bayidhle innyama yake, bamtshise yena
ngomlilo: 17 ngokuba UTIXO ebekile ezin-
kliziyweni zabo ukuyenza ingcingo yake,
nokuvumelana, nokulinika iramnco ubu-
kumkani babo, ade afezwe amazwi KATIXO.
18 Nenkazana leyo wayibonayo, isesosi-
xeko esikulu, esipata ngobukumkani pezu
kwabo okumkani bomhlaba.

18 NASEMVENI kwezizinto ndabona
ennye ingelosi isihla ezulwini, inalo
igunya elikulu; wati umhlaba wakanyiswa
ngobungcwalisa bayo. 2 Yaza yadandu-
luka ngamandhla, ngelizwi elikulu, isiti:
Iwile, iwile i-Babilone enkulu, yaba yin-
dawo yokuhlala yedemoni, nesikundhla
sabo bonke omoya abancolileyo, nesiku-
ndhla sazo zonke intaka ezincolileyo nezi-
tiyekileyo: 3 ngokuba inklanga zonke
ziselile kuyo iveyine yomsindo wombulo
wayo, nokumkani bomhlaba benza umbulo
nayo, nabatengi bomhlaba batyeba ngen-
nxa yobukulu bobuyolo bayo.
4 Ndaza ndeva elinye ilizwi livela ezu-
lwini, lisiti: Pumani kuyo, bantu bami!
ukuze ningabi nabudhlelana nezono zayo,
nokuze ningamkeli kuzo izibetwa zayo:
5 ngokuba izono zayo zilandelene kude
kwasezulwini, nezenzo zayo ezingalungi-
leyo UTIXO uzikumbule. 6 Vuzani yona
njengokuba nayo ivuzile nina, nipindise
kuyo okupindiweyo ngokwemisebenzi ya-
yo: endebeni yapitikezayo kuyo, yipitike-
zeleni okupindiweyo. 7 Njengoko izizu-
kisile yapila ngobuyolo ngako, yenzeleni
kwa ngokunjalo ututumbo nosizi: ngokuba
isitsho enkliziyweni yayo ukuti: Ndihleli
ndingukumkanikazi, andinguye umhlolo-
kazi, andisayi kubona 'lusizi. 8 Ngako
oko kwa semhleni 'mnye ziya kufika izi-
betwa zayo, ukufa, nosizi, nendhlala, yaiya
kutshiswa ngomlilo; ngokuba yomelele
INKOSI UTIXO eyigwebayo.
9 Babeya kuti okumkani bomhlaba,
abawenza umbulo bapila ngobuyolo nayo,
bayililele, benze isijwili pezu kwayo,
okuya bawabonayo umsi wokutsha kwayo,
10 bemi bekude ngennxa yokwoyika
ututumbo lwayo, besiti: Yo, yo, esosixeko
esikulu i-Babilone, esosixeko esomeleleyo!
kuba kwiyure innye kufikile ukugwetywa
kwako.
11 Boti nabatengi bomhlaba balile ba-
kale pezu kwayo, kuba intengelo yabo
kungaseko 'mntu oyitengayo: 12 intengelo
yegolide, neyesilivere, neyamatye anqabi-
leyo, neyeperule, neyeqiya eshiceneyo, ne-
yenncawe ebomvu, neyesilike, neyenncawe
ebomvumnyama; nemiti yonke enuka
'mnandi, nempahla zonke zopondo lwen-
dhlovu, nempahla zonke zemiti enqabi-
leyo kakulu, nezexina, nezesinceto, neza-
matye akazimlayo; 13 nekinamone, nento
zokuqumisa, namafuta amnandi, nenklaka-
mhlope, neveyine, neoli, nomgubo ocole-
kileyo, nenngqolowa, nenkomo, negusha;
neyamahashe, neyenncqwelo, neyamakobo-
ka; nemipefumlo yabantu. 14 Ziti izi-
qamo zenkanuko yompefumlo wako zimkile
kuwe, nazo zonke izinto *zako* ezityebileyo
nezinkle zimkile kuwe, waungasayi ku-
buya uzifumane. 15 Bona abatengi bezi-
zinto, abatyeba ngayo, baya kuma bekude
ngennxa yokwoyika ututumbo lwayo, be-
lila, bekala, 16 besiti nokuti: Yo, yo,
esosixeko esikulu, esibe sambete izivato
zeqiya eshiceneyo, nezibomvu, nezibomvu-
mnyama, sahonjiswa ngegolide, nanga-
matye anqabileyo, nangeperule! 17 kuba



University of Fort Hare

kwiyure innye bucitakele ubutyebi obu-
ngaka.
Kanjako bonke abakokeli bennqanawa,
nabo bonke abahambayo ezinnqanaweni,
nomatrose, nabo bonke abasebenzayo
elwandhle, bema bekude, 18 badandu-
luka, bebona umsi wokutsha kwayo, be-
siti: Sisipina *isixeko* esifana nesisixeko
esikulu? 19 Baza baposa utuli ezinklo-
kweni zabo, badanduluka, belila bekala
nokukala, besiti: Yo, yo, esosixeko esi-
kulu, abati kuso batyeba bonke ababenazo
innqanawa elwandhle ngennxa yendyebo
yaso enqabileyo! kuba kwiyure innye si-
citakele.
20 Gcoba pezu kwaso, *wena* 'zulu! na*ni*
'bapostile nabaprofite abangcwele! kuba
UTIXO enipindezelele kwa kuso.
21 Yaza ingelosi eyomeleleyo yafunqula
ilitye njengelitye lokusila ukuba likulu
kwalo, yalikahlela elwandhle, isiti: Iya
kwenziwa njalo ukuwiswa ngamandhla i-
Babilone esosixeko esikulu, yayingasayi
kuba safunyanwa. 22 Kanjalo ilizwi
lababeti begitare, nelabaculi, nelabagwali,
nelabahlokomisa amaxilongo, alisayi kuba
saviwa pakati kwako; nenncibi, noko
ubuncibi bazo bunjanina, ayisayi kuba
safunyanwa nannye pakati kwako; nen-
klokoma yelitye lokusila ayisayi kuba
safunyanwa pakati kwako; 23 nokukanya
kwesibane akusayi kuba sabonakala pakati
kwako; nelizwi lomyeni nelomtshakazi
alisayi kuba saviwa pakati kwako: ngo-
kuba abatengi bako bebeyimiduna yom-
hlaba; ngokuba ngokutakata kwako za-
lahlekiswa inklanga zonke. 24 Kwaza
kwafunyanwa kuyo igazi labaprofite ne-
labangcwele, nelabo bonke ababuleweyo
pezu kwomhlaba.

19 NASEMVENI kwezinto ndeva ili-
zwi elikulu lesihlwele esikulu ezu-
lwini, sisiti: Haleluya! Usindiso, nobu-
ngcwalisa, nembeko, namandhla, kuyo INKOSI
UTIXO wetu! 2 kuba iyinnyaniso ilungile
imigwebo yayo; kuba imgwebile um-
pinyiswa omkulu, lowo wawonakalisayo
umhlaba ngombulo wake, yapindezela igazi
lezicaka zayo kuso isandhla sake. 3 Ba-
tsho ke ngokwesibini ukuti: Haleluya!
Uti kekaloku umsi wake unyuke kude
kube ngunapakade kanapakade. 4 Baza
abadala bomashumi mabini anabane, nezi-
dalwa ezipilileyo zozine, bawa pantsi ba
bedesha UTIXO ohleli pezu kwayo iterone,
besiti: Amene; Haleluya! 5 Kanjako
lapuma ilizwi eteroneni, lisiti: Dumisani
UTIXO wetu, nonke nina 'zicaka zake, nani
nimoyikayo, nabancinane nabakulu!
6 Ndaza ndeva okungati lilizwi lesi-
hlwele esikulu, nokungati lilizwi lamanzi
amaninzi, nokungati lilizwi lendudumo
ezinamandhla, besiti: Haleluya! kuba
ipete ngobukumkani INKOSI, UTIXO ongu-
somandhla. 7 Masiti sivuye, sigcobe, si-
yinike udumo; ukuba ufikile umtshato
WEMVANA, nokuba umfazi wayo ezilungi-
sile. 8 Kwaye kunikwa kuye ukuba
ambeswe ngeqiya eshiceneyo, emsulwa,
ekazimlayo: ngokuba leqiya eshiceneyo
izizenzo ezilungileyo zabangcwele.
9 Yayisiti kumi: Bàla *ukuti:* Baneta-
msanqa abo bamenyelwayo esidhlweni som-
tshato wayo IMVANA. Yayisiti kumi: Wona
la angawo amazwi ayinnyaniso KATIXO.
10 Ndaza ndawa pambi kwennyawo zayo
ukuba ndiyibedeshe. Yayisiti kumi:
Lumka ungenje *njalo:* ndisisicaka kunye
nawe nakunye nabazalwana bako abanabo
ubunqina buka-Yesu; mbedeshe UTIXO:
ngokuba ubunqina buka-Yesu bungum-
moya wobuprofitesho.

11 NDAZA ndabona izulu livulekile;
kekaloku bona ke, ihashe elimhlope, na-
lowo uhleli pezu kwalo, ebizwa ngobunene
nangobunyaniso, oti agwebe enze imfazwe
ebulungiseni. 12 Aye amehlo ake enje-
ngelangatye lomlilo, napezu kwenkloko
yake bekuko ikrone ezinninzi; ebenegama
libàliwe, ekungeko namnye olaziyo, kupela
nguye ngokwake. 13 Waye eyambete
ingubo isindiwe ngegazi; negama lake
libizwa ngokuti LILIZWI LIKATIXO. 14 Ka-
njalo imikosi yasezulwini ibimlandela
ipezu kwamahashe amhlope, beveto iqiya
eshiceneyo, emhlope, emsulwa. 15 Nakuwo
umlomo wake kupuma irele elibukali,
ukuze ati ngalo azibete inklanga: enguye
oya kuzipata ngentonga yesincete: enguye
osixovula isincinezelo seveyine sayo ive-
yine yomsindo neyoqumbo LUKATIXO uso-
mandhla. 16 Kanjalo unalo pezu kwen-
gubo *yake* napezu kwetanga lake igama
*lake* libàliwe *lokuti:* UKUMKANI KAKUMKANI
NENKOSI KANKOSI.
17 Ndaza ndabona ingelosi etile imi
elangeni; yaza yadanduluka ngelizwi eli-



University of Fort Hare

kulu, isitsho kuzo zonke intaka ezibale-
kayo ngamapiko pakati kwezulu ukuti:
Yizani nizihlanganisele esidhlweni SOTIXO
omkulu; 18 ukuze niyidhle innyama yo-
kumkani, nennyama yenkosiwaka, nen-
nyama yamaroti, nennyama yamahashe
neyabo bahleli pezu kwawo, nennyama
yabo bonke, abakululekileyo namakonza,
nabancinane nabakulu.

19 Ndaza ndabona iramnco elo, noku-
mkani bomhlaba, nemikosi yabo ihlanga-
nisene ukwenza imfazwe ngakuye lowo
uhleli pezu kwehashe, nangakuwo umkosi
wake. 20 Kwaza kwabanjwa iramnco elo,
nomprofite obuxoki ndawonye nalo, lowo
owenza imiqondiso ebusweni balo, abete
ngayo wabakohlisa abo balwamkelayo
upau lweramnco, nabo bawubedeshayo
umfanekiso walo. Aba bobabini baposwa
bepilile ecibini lomlilo elivutayo ngesu-
fure. 21 Nabo abaseleyo babulawa ngalo
irele lalowo uhleli pezu kwehashe, elo*rele*
lipumayo emlonyeni wake: zaza intaka
zonke zadikwa yinnyama yabo.

20 Ndaza ndabona ingelosi isihla ezu-
lwini, ipete isilotile sesinzulu nom-
xokolelwane omkulu esandhleni sayo.
2 Yaza yayibamba innamba, lonnyoka
yakudala, enguye u-Mncetezi no-Satane,
yayinxibela iwaka leminyaka, 3 yayiposela
esinzulwini, yayivalela, yabeka isincama-
tiselo pezu kwayo, ukuze ingabi saziko-
hlisa inklanga, lide lifezwe elowaka lemi-
nyaka: nasemveni kwoko ifanele ukuku-
lulwa ixesha elincinane.

4 Ndaza ndazibona iterone, bati bahlala
pezu kwazo, banikwa ukugweba: *ndabona*
nemipefumlo yabebenqunyulwe inkloko
ngezembe ngennxa yobunqina buka-Yesu,
nangennxa yelizwi LIKATIXO, nabo basu-
kuba bengalibedeshanga iramnco, kwa
nomfanekiso walo, ababengalwamkelanga
kanjalo upau lwalo pezu kwebunzi labo
napezu kwesandhla sabo; baza bapila
bapata ubukumkani ndawonye no-Krestu
iwaka leminyaka. 5 Kodwa abanye aba-
fileyo ababuya bapile lide lafezwa elowaka
leminyaka. Lulo olu uvuko lwokuqala. 6
Unetamsanqa uyingcwele lowo unesa-
biwo eluvukweni lwokuqala: abanjalo
ukufa kwesibini akunagunya pezu kwabo,
koko beya kuba ngabaperisite BAKATIXO
nabaka-Krestu, bapate ubukumkani nda-
wonye naye iwaka leminyaka.

7 Kekaloku nxa lifezwe elowaka lemi-
nyaka, u-Satane wokululwa entolongweni
yake, 8 waeya kupuma ukuya kukohlisa
inklanga ezisemagumbini omane omhlaba,
u-Gogo no-Magoge, ukubahlanganisela
emfazweni; abanani lingangenklabati
yolwandhle. 9 Bati banyukela pezu
kwobubanzi bomhlaba, baraula umnquba
wabangcwele, nesixeko esitandiweyo:
kwaza kwehla umlilo KUTIXO uvela ezu-
lwini, wabagqibela. 10 Kanjako u-Satane
obebakohlisa waposelwa ecibini lomlilo
nesufure, apo kukona iramnco nompro-
fite obuxoki; babeya kumbelwa emmini
nasebusuku kude kube ngunapakade kana-
pakade.

11 Ndaza ndabona iterone emhlope
enkulu, nalowo uhleli pezu kwayo, ezati
umhlaba nezulu zabaleka ebusweni bake;
kwaza akwafunyanelwa zona indawo. 12
Ndabona kanjalo abafileyo, abancinane
nabakulu, bemi pambi KWOTIXO; zaza
zavulwa innewadi: kwavulwa nennye
innewadi, eyeyobomi: bati abafileyo
bagwetywa ngezozinto ezibe zibàliwe
ezinnewadini ezo, ngokwemisebenzi yabo.
13 Lwaza ulwandhle lwanikela abafileyo
abebekulo; kanjalo ukufa nehadesi zani-
kela abafileyo abebekuzo: bagwetywa ke
bonke ngabanye ngokwemisebenzi yabo.
14 Kwaza kwaposwa ukufa nehadesi eci-
bini lomlilo. Kuko oku okwesibini ukufa.
15 Nosukuba engafunyanwanga ebàliwe
ennewadini yobomi waposelwa ecibini
lomlilo.

21 NDAZA ndabona izulu elitsha nom-
hlaba omtsha; ngokuba elokuqala
izulu nowokuqala umhlaba ubudhlu-
lile; nolwandhle aluseko. 2 Ndaza mina
'Johane ndasibona isixeko esiyingcwele,
i-Yerusaleme entsha, sisihla KUTIXO sivela
ezulwini, silungisiwe njengomtshakazi
ehonjelwe indoda yake. 3 Ndaza ndeva
ilizwi elikulu livela ezulwini, lisiti: Bona
ke, itabanakele KATIXO inabantu, waeya
kuhlala nabo; bona boba ngabantu bake,
naye UTIXO ngokwake woba nabo, ENGUTIXO
wabo. 4 Kanjalo UTIXO uya kusula zonke
innyembezi emehlweni abo: nokufa akuyi
kuba seko; nosizi, nokulila, nobuhlungu
abuyi kuba seko: ngokuba izinto zokuqala
zimkile.

5 Waza watsho lowo uhleli pezu kwayo
iterone ukuti: Bona ke, ndizenza 'ntsha
zonke izinto. Wayesiti kumi: Bàla; kuba



University of Fort Hare

lamazwi eyinnyaniso eyinnene. 6 Waza
watsho kumi ukuti: Kwenzekile. Mina
ndingu-Alefa no-Omega, isiqalo nesipelo.
Lowo onxanwayo ndompa mina kuwo
umtombo wamanzi obomi ngesisa. 7 Owo-
yisayo wolidhla ilifa lento zonke; nda-
ndiya kuba NGUTIXO wake, naye yena woba
ngunyana wami. 8 Kodwa abanobugwala,
nabangakolwayo, nabatiyekileyo, naba-
bulali, nabapimisi, nabatakati, nabakonzi
bezitixo, nawo onke amaxoki, bona boba
nesabiwo sabo ecibini elivutayo ngomlilo
nangesufure; okukuko okwesibini ukufa.
9 Kwaza kweza kumi ennye yengelosi
zosixenxe ezibe zinazo ifiyali zosixenxe
ezibe zizele zizibeto zosixenxe zokugqi-
bela, yateta nami, isiti: Yiza apa; ndoku-
bonisa umtshakazi, umfazi wayo IMVANA.
10 Yaza yandisa emmoyeni kuyo intaba
enkulu ende, yandibonisa esosixeko esi-
kulu, i-Yerusaleme eyingcwele, sisihla
ezulwini KUTIXO, 11 sinabo ubungcwalisa
BUKATIXO: nesikanyiso saso sibe sifana
nalo ilitye elinqabileyo kakulu, njengalo
ilitye lejasipidi libengezela njengekrisi-
tale: 12 sinalo kanjalo udonga olukulu
olude; sinawo amasango alishumi linama-
bini, nengelosi ezilishumi linambini nga-
kuwo amasango lawo, namagama ebàliwe
pezu *kwawo*, angawo awezizwe ezilishumi
linazibini zosapo luka-Sirayeli; 13 enga-
sempumalanga amasango matatu, engase-
node amasango matatu, engasesuyide ama-
sango matatu, engasentshonalanga ama-
sango matatu. 14 Kanjako lona udonga
lwesixeko belunemisekelo elishumi lina-
mibini, nakuyo yona bekuko amagama
abapostile abalishumi linababini bayo
IMVANA. 15 Kekaloku lowo ubeteta nami
ebenayo ingcongolo yegolide, ukuze asi-
linganise isixeko, namasango aso, nodonga
lwaso. 16 Sona isixeko simi sinamacala
mane; nobude baso bungaka njengokuba
bunjalo ububanzi *baso:* waza wasilinga-
nisa isixeko ngengcongolo leyo kude
kwazizitadiya ezingamawaka alishumi
linesibini: ubude nobubanzi nobupakamo
baso buyalingana. 17 Waza walulinga-
nisa udonga lwaso, ikubite zalikulu
linamashumi mane ananne, ngomlinganiso
womntu, onguwo owengelosi. 18 Nesa-
kiwo sodonga lwaso sibe siyijasipidi:
nesixeko sona besiyigolide engcwele,
sifana neglasi engcwele. 19 Nemisekelo
yodonga lwesixeko ibihonjiwe ngamatye
anqabileyo inklobo zonke: umsekelo woku-
qala ubuyijasipidi; owesibini ubuyisafire;
owesitatu ubuyikalekidone; owesine ubu-
yisamagide; 20 owesihlanu ubuyisado-
nutse; owesitandatu ubuyirubi; owesixe-
nxe ubuyikrusolite; owesibozo ubuyibe-
rule; owesitoba ubuyitopaze; oweshumi
ubuyikrisoprase; oweshumi linesinye ubu-
yiyasinte; oweshumi linesibini ubuyiya-
metisite. 21 Namasango alishumi lina-
mabini ebeziperule ezilishumi linambini;
onke amasango elinye ngelinye lali*senziwa*
ngeperule yannye: nesitarate sesixeko
besiyigolide engcwele, engati yiglasi
ekanyisekayo. 22 Kekaloku andabona
'tempile pakati kwaso: ngokuba INKOSI
UTIXO usomandhla iyitempile yaso, nayo
IMVANA. 23 Kanjako isixeko eso asifuni
ilanga, kwa nennyanga, ukuze zikanye
pakati kwaso: ngokuba ubungcwalisa
BUKATIXO bebusikanyisa, nayo IMVANA
isisibane saso. 24 Zaye inklanga zabasi-
ndiswayo ziya kuhamba ekukanyeni
kwaso; nokumkani bomhlaba bayazi-
sela kuso ubungcwalisa *babo* nodumo
lwabo. 25 Ati amasango aso angaki
avulwe emmini: ngokuba kungayi ku-
bako 'busuku kona. 26 Kwaye kuziselwa
kuso ubungcwalisa nodumo lwenklanga.
27 Kuti kanjalo kungaki kungene kuso
nannye into encolisayo, neyenzayo oku-
buntshontsho nokubuxoki; kupela ngabo
bodwa ababàliweyo encwadini yobomi
YEMVANA.

22 Waza wandibonisa umlambo ongcwele
wamanzi obomi, okazimlayo njenge-
krisitale, upuma kuyo iterone KATIXO
neYEMVANA. 2 Pakati kwesitarate saso,
nangelicala nangeliya lomlambo, bekuko
umti wobomi, uhlanza *inklobo* ezilishumi
linambini zeziqamo, unika ukuqama
kwawo innyanga ngennyanga: namagqabi
awo umti lowo abengawokupiliswa kwen-
klanga. 3 Kwaye kungayi kuba seko
isiqalekiso: kanjalo iterone KATIXO ne-
YEMVANA yoba kuso: nezicaka zake ziya
kumkonza: 4 zaziya kubona ubuso bake;
negama lake loba pezu kwamabunzi azo.
5 Akuyi kubako 'busuku kona kanjako;
abafuni ke isibane nokukanya kwelanga;
kuba INKOSI UTIXO ibakanyisele: babeya
kupata ngobukumkani kude kube nguna-
pakade kanapakade.

6 WAZA wati kumi: Lamazwi ayin-



University of Fort Hare

nene ayinnyaniso: kanjalo INKOSI, UTIXO
wabaprofite abangcwele, itumile ingelosi
yayo ukuza kubonisa izicaka zayo izinto
ezifanele ukubako kamsinya. 7 Bona ke,
ndiyeza 'msinya. Unetamsanqa lowo u-
wagcinayo amazwi aso isiprofitesho sa-
lennewadi.

8 Nami 'Johane ndinguye obezibona
ezizinto waziva. Ndite ndakuba ndivile
ndabona, ndawa pantsi ukuba ndibedeshe
pambi kwennyawo zengelosi ebindibonisa
ezizinto. 9 Yayisiti kumi: Lumka
ungenje *njalo*: ngokuba ndisisicaka kunye
nawe, nakunye nabazalwana bako aba-
profite, nakunye nabawagcinayo amazwi
alennewadi: mbedeshe UTIXO. 10 Yayi-
siti kumi: Ungawancamatiseli amazwi aso
isiprofitesho salennewadi; ngokuba ixesha
*lawo* likufupi. 11 Yena owenza okunga-
lungileyo, makabe esakwenza okungalu-
ngileyo; naye oncolileyo, makabe esanco-
lile; naye olungileyo, makabe esalungile;
naye ongcwele, makabe esangcwaliswa.

12 Bona ke, ndiyeza 'msinya; nomvuzo
wami unami, ukuba ndivuze bonke nga-
banye njengokuba umsebenzi wabo uya
kuba njalo. 13 Mina ndingu-Alefa no-
Omega, isiqalo nesipelo, owokuqala nowo-
kugqibela. 14 Banetamsanqa abayenzayo
imiyalelo yako, ukuze babe negunya pezu
kwawo umti wobomi, baze bati ngama-
sango *aso* bangene esixekweni. 15 Kodwa
ngapandhle kuko abazinja, nabatakati,
nabapimisi, nababulali, nabakonzi bezi-
tixo, nosukuba etanda esenza ubuxoki.
16 Mina 'Yesu nditumile ingelosi yami
ukuza kunqìna ezizinto kuni ngazo
iremente. Mina ndiyingcambo nenzalo
ka-Davide, ikwezi lomso elikazimlayo.

17 Batsho NOMOYA nomtshakazi ukuti:
Yiza. Naye ovayo makati: Yiza. Naye
onxanwayo makeze. Naye otandayo
makatabate amanzi obomi ngesisa.

18 Ngokuba ndinqìna mina kubo bonke
abevayo amazwi aso isiprofitesho salen-
newadi: Ukuba umntu uti ongeze kuzo
ezizinto, UTIXO uya kwongeza kuye izi-
beto ezibàliweyo kulennewadi; 19 nokuba
umntu uti asuse kuwo amazwi ayo in-
newadi yesiprofitesho esi, UTIXO uya ku-
susa isabiwo sake kuwo umti wobomi,
nakuso isixeko esiyingcwele, nakwezo-
zinto zibàliweyo kulennewadi.

20 Uti lowo unqìnayo ezizinto: Ewe,
ndiyeza 'msinya. Amene. Ewe, yiza,
NKOSI 'Yesu.

21 Ufefe LWENKOSI yetu u-Yesu Krestu
malube nani nonke. Amene.

ISIPELO SETESTAMENTE ENTSHA.



University of Fort Hare

